BIBLE

IBHAYIBHILE

isiXhosa Language

isiXhosa - All Bible

(Ibhayibhile)

Old Testament		UNahum	2.059
Eyeziqalo	3	UHabhakuki	2.064
Eyemfuduko	128	UZefaniya	2.070
Eyonqulo	235	UHagayi	2.076
Eyasentlango	309	UZakariya	2.081
Uhlaziyo-Mnqophiso	406	UMalaki	2.103
UYoshuwa	497	**New Testament**	
Iinkokheli	557	UMatewu	2.110
URute	617	UMarko	2.201
1 Kasamweli	626	ULuka	2.259
2 Kasamweli	707	UYohane	2.355
1 Yookumkani	777	Umsebenzi Wabathunywa	2.427
2 Yookumkani	863	KwabaseRoma	2.518
1 Yeziganeko	944	1 KwabaseKorinte	2.557
2 Yeziganeko	1.024	2 KwabaseKorinte	2.596
UEzra	1.115	KumaGalati	2.621
UNehemiya	1.141	Kwabase-Efese	2.635
UEstere	1.178	KwabaseFilipi	2.648
UYobi	1.199	KwabaseKolose	2.657
Iindumiso	1.277	1 KwabaseTesalonika	2.666
Izafobe	1.451	2 KwabaseTesalonika	2.674
Amava Engqondi	1.519	1 KuTimoti	2.679
Uncuthu Lwengoma	1.540	2 KuTimoti	2.690
UIsaya	1.551	KuTito	2.698
UJeremiya	1.681	KuFilemon	2.703
Izililo	1.820	KumaHebhere	2.706
UHezekile	1.830	EkaYakobi	2.734
UDaniyeli	1.956	1 KaPetros	2.744
UHosiya	1.997	2 KaPetros	2.754
UJoweli	2.016	1 KaYohane	2.760
UAmos	2.023	2 KaYohane	2.770
UObhadiya	2.039	3 KaYohane	2.772
UJona	2.042	EkaYuda	2.774
UMika	2.047	IsiTyhilelo	2.777

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.

bible society
of south africa

isiXhosa - All Bible
(Ibhayibhile)

Eyeziqalo

Eyeziqalo 1

Imbali yokudalwa kwezinto

1Ekuqaleni uThixo wadala izulu nomhlaba.

2Kwakuselubala nje emhlabeni, kungekho nto ikhoyo. Inzonzobila yamanzi eyayigubungele konke yayithiwe gqume sisithokothoko sobumnyama. UMoya kaThixo wafukama phezu kwaloo manzi.

3Wathi uThixo makubekho ukukhanya.Kwabakho ukukhanya.

4Wakholwa ke uThixo koko kukhanya, waza wakwahlula ukukhanya nobumnyama.

5Wathi ukukhanya yimini; wathi ubumnyama bona bubusuku. Kwahlwa, kwasa; yangumhla wokuqala ke lowo.

6Wabuya uThixo wathi makubekho amajukujuku, awahlule kubini amanzi.

7Abakho ke amajukujuku. Wawenza ke uThixo amajukujuku, wawahlula amanzi angaphantsi kwawo kumanzi angaphezu kwawo.

8Wathi uThixo amajukujuku lawo sisibhakabhaka. Kwahlwa, kwabuya kwasa; yaba ngumhla wesibini ke lowo.

9Wandula uThixo ukuthi amanzi angaphantsi kwesibhakabhaka makaqokeleleke ndawonye, kuze kuvele indawo engenamanzi. Kwaba njalo ke.

10Wathi uThixo loo ndawo ingenamanzi ngumhlaba, waza wathi loo manzi andawonye wona lulwandle. Wakholwa ke yiloo nto uThixo.

11Ubuye wathi umhlaba mawuvelise zonke iintlobo zezityalo, ezo zithwala iinkozo kwanezithwala iziqhamo, zonke ngokweendidi zazo. Kwaba njalo ke.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Umhlaba ke wavelisa zonke iindidi zezityalo, ezo zithwala iinkozo kwanezo zithwala iziqhamo ngokweendidi zazo. UThixo ke wakholwa yiloo nto.

13Kwahlwa ke, kwaza kwasa. Lowo ke yaba ngumhla wesithathu.

14Kwakhona uThixo wathi: “Makuvele izikhanyiso esibhakabhakeni, zahlukanise imini nobusuku, zibe yimiqondiso yamathuba, imihla, neminyaka.”

15Wathi: “Mazivele esibhakabhakeni, zikhanyise elizweni.” Kwaba njalo ke.

16UThixo wênza izikhanyiso ezibini ezikhulu: esikhulu sibe sesasemini, esincinane sibe sesasebusuku. Wênza neenkwenkwezi.

17UThixo wazibeka esibhakabhakeni ezo zikhanyiso, ukuze zikhanyise elizweni,

18zongamele imini kunye nobusuku, nokuze zahlule ukukhanya nobumnyama. Wakholwa uThixo nazizo.

19Kwahlwa, kwasa, yaba ngumhla wesine.

20UThixo wathi: “Makubekho inyambalala yeendidi zezinto ezinobomi emanzini, kubekho neentaka eziphaphazelayo esibhakabhakeni.”

21Wabadala ke uThixo oominenga nezinye iintlobo-ntlobo zezilo zamanzi, neentlobo zonke zeentaka. Wakholwa ke uThixo zizo.

22Wazithamsanqelisa zonke, wathi: “Mazande izilo zamanzi, zinyakazele elwandle. Neentaka nazo mazande emhlabeni.”

23Kwahlwa, kwasa, yaba ngumhla wesihlanu lowo.

24Kwakhona uThixo uthe umhlaba mawuvelise iintlobo zonke zezinto ezinobomi: oozinkomo, izinto ezirhubuluzayo nezinambuzane, nazo zonke iindidi zamarhamncwa. Kwaba njalo ke.

25Wazenza zonke ke uThixo izilo ngokweendidi zazo, noozinkomo ngokweendidi zazo, nezilwanyane ezirhubuluzayo nezinambuzane ngokweendidi zazo. Waza ke uThixo wakholwa zezo zinto.

© 1996 Bible Society of South Africa.

26Waza ke uThixo wathi: “Masenze umntu abe ngumfuziselo wethu, afane nathi. Makabe negunya, alawule iintlanzi elwandle, iintaka ezibhabha esibhakabhakeni, iinkomo, nazo zonke izilo nezinambuzane elizweni.”

27Wamdala ke uThixo umntu. Wamenza wangumfuziselo wakhe. Wadala umntu oyindoda kwakunye nomntu obhinqileyo.

28Wabathamsanqelisa uThixo wathi: “Yandani, inzala yenu ilizalise ilizwe, nilongamele. Ndininika igunya phezu kweentlanzi, iintaka, nazo zonke izilo elizweni.

29Ndininika zonke izityalo ezithwala iinkozo elizweni, kunye nemithi ethwala iziqhamo. Zoba kukutya kwenu ezo zinto.

30Ke zona iintaka nezilo zonke ziya kutya uhlaza.” Kwaba njalo ke.

31UThixo wakholwa kakhulu yiyo yonke indalo yakhe. Kwahlwa, kwasa; yaba ngumhla wesithandathu ke lowo.

Eyeziqalo 2

1Aba ke ngoko agqityiwe ukudalwa amazulu nehlabathi liphela.

2Ngomhla wesixhenxe uThixo wayeselekugqibile konke awayekwenza, waza ke waphumla.

3Wawuthamsanqelisa umhla wesixhenxe, wawumisa wangumhla okhethekileyo, kuba ngaloo mhla wayeselegqibile ukudala.

Umyezo waseIdeni

4Nanga amagqabantshintshi ngokudalwa kwezulu nehlabathi: Ekudalweni kwezulu nehlabathi nguThixo uNdikhoyo

5kwakungekho zityalo emhlabeni. Kwakungekho nambewu intshulayo, kuba kaloku wayengekayinisi emhlabeni imvula uNdikhoyo; kwakungekho namntu wakuwulima umhlaba lowo.

6Kwagqabhuka amanzi emhlabeni, awunyakamisa umhlaba.

© 1996 Bible Society of South Africa.

7UNdikhoyo uThixo wacaphula umhlaba emhlabeni, wabumba umntu ngawo.
Waphefumlela umoya obubomi emathatheni akhe, yaba ngumntu ophilayo
lowo.

8Emva koko uNdikhoyo uThixo wenza umyezo eIdeni empumalanga,
wambeka apho loo mntu wayemenzile.

9Wahlumisa iindidi zemithi emihle eneziqhamo ezinomtsalane apho eIdeni.
Phakathi esidikidikini somyezo kwakukho umthi onika ubomi, nomthi
wokucalula okubi nokuhle.

10Kwakukho umlambo owawuphuma apho eIdeni, unyakamisa umyezo lowo.
Wawusahlukana ube yimilambo emine wakuyishiya i-Ideni.

11Owokuqala umlambo, okuthiwa yiPishoni, ngulo ujikeleze ilizwe
lakwaHavila.

12Kulapho kufunyanwa khona igolide, kunye namakha avumba limnandi,
kwakunye namatye exabiso.

13Owesibini umlambo yiGihoni; wona ujikeleze ilizwe lakwaKushe.

14Owesithathu umlambo yiTigre; wona ucanda ngasempumalanga yeAsiriya.
Owesine yiEfrati.

15Umntu wabekwa nguNdikhoyo uThixo emyezweni waseIdeni ukuze
awulime, awulondoloze.

16UThixo wathi kuye: “Ungatya nakuwuphi na umthi osemyezweni;

17kodwa uze ungatyi kumthi wokucalula okubi nokuhle. Mhla watya kuwo
ngenene uya kufa.”

18Uthe ke uNdikhoyo uThixo emva koko: “Akukuhle ukuba le ndoda ihlale
ililolo. Kuhle ndiyenzele umlingane onokuncedisana nayo.”

19UNdikhoyo uThixo wayethathe umhlaba wabumba zonke iinyamakazi
neentaka, wazisa kuloo ndoda ukuba izithiye amagama. Zawafumana njalo ke
amagama azo ezo zinto.

© 1996 Bible Society of South Africa.

20Yazithiya amagama zonke iintaka neenyamakazi loo ndoda, kodwa akubangakho nanye kuzo eyafanela ukuba ngumlingane wayo.

21Usuke uNdikhoyo uThixo wayihlisela obunzulu bona ubuthongo obu indoda leyo. Ithe isalele njalo wakhupha ubambo kuyo, wabuya wayivala loo ndawo.

22UNdikhoyo uThixo udale umfazi ngolo bambo waluthathayo endodeni, wamsa kuyo.

23Ithe ke indoda: “Nanku ke oyena-yena! Lithambo lamathambo am, nenyama yeenyama zam. Kuya kuthiwa ngumfazi, kuba uthathwe kumfo.”

24Yiyo ke loo nto indoda imshiya uyise nonina, inamathele kumkayo, baze babe mntu mnye.

25Loo ndoda nomkayo babehamba ze, bengenazintloni.

Eyeziqalo 3

Ukuwa koluntu

1Inyoka yayisesona sidalwa sinobuqhetseba kunazo zonke izidalwa zikaNdikhoyo uThixo. Yambuza umfazi inyoka yathi: “Ngaba kuyinyani na ukuba uThixo uniyalele ukuba ningatyi kuyo yonke imithi ekulo myezo?”

2“Hayi, singatya nakuwuphi na umthi osemyezweni,” utshilo umfazi ukuphendula.

3“Ngumthi ophaya esidikidikini somyezo qha esingenakutya kuwo. UThixo uthe maze singazityi iziqhamo zawo, singaziphathi nokuziphatha oku, ukuba asifuni kufa.”

4Ithe ukuphendula inyoka: “Hayi, anisoze nife.

5Nto nje uyazi uThixo ukuba xa nizityileyo iziqhamo zawo novuleka amehlo, nibe njengaye, nikwazi ukucalula okuhle kokubi.”

6Watsho waqonda umfazi ukuba singamnandi eso siqhamo: siyanqweneleka, yaye sifanele ukunika ulwazi. Wakha, watya; wanika nomyeni wakhe owayekho, naye watya.

© 1996 Bible Society of South Africa.

7Bathi bakugqiba ukutya kwatsho kwee dlwe, avuleka amehlo, baziqonda ukuba bahamba ze. Bathunga amagqabi omkhiwane, bazambhathisa.

8Emva koko beva isandi sokuhamba kukaThixo uNdikhoyo emyezweni ukujika kwelanga. Bazimela ematyholweni emyezweni apho.

9UNdikhoyo uThixo wayibiza indoda, wathi: “Ùphi?”

10Yaphendula yathi: “Ndive isandi sokuza kwakho, ndaza ndoyika ndazimela, kuba ndihamba ze.”

11Uthe uThixo: “Ùve ngabani ukuba uhamba ze? Utyile kulaa mthi bendithe uze ungatyi kuwo?”

12Ithe indoda ukuphendula: “Ngulo mfazi ùndinike yena lo úndiphileyo, nam ke ndatya.”

13UNdikhoyo uThixo wambuza umfazi esithi: “Ùyenzele ntoni into enje?” Uphendule umfazi wathi: “Ndikhohliswe yinyoka, nam ke ndatya.”

UThixo uwisa isohlwayo

14 UNdikhoyo uThixo uthe kuyo inyoka: “Ngenxa yesi senzo uqalekisiwe wena kuzo zonke izilo. Ukususela ngoku uya kurhubuluza ngesisu, utye uthuli bonke ubomi bakho.

15Ndiza kudala ubutshaba phakathi kwakho nomfazi. Inzala yakho neyakhe ziya kuhlala zithiyene. Yona yokucumza intloko; wena woyiluma isithende.”

16Waza wathi kuloo mfazi: “Wena uza kuthwala ubunzima ngakumbi xa ukhulelwe, udliwe yinimba xa uzalayo. Noko kunjalo umyeni wakho ùya kumlangazelela, lo gama ayinkosi yakho.”

17Uthe endodeni uThixo: “Wena uve umkakho, watya kumthi ebendithe kuwe uze ungatyi kuwo. Ngenxa yento oyenzileyo ke úqalekisiwe ngoku umhlaba. Ùya kusebenza nzima bonke ubomi bakho, ukuze umhlaba uvelise ukutya.

18Kohluma ukhula nenkunzane. Uya kufa yindlala, utye umfino.

© 1996 Bible Society of South Africa.

19Uya kutya ukubila kwakho ude ubuyele kwakuloo mhlaba wawuthathwe kuwo. Wênziwa ngomhlaba; ke uya kubuya ube ngumhlaba.”

20UAdam wamthiya igama umkakhe, wathi nguEfa, kuba kaloku luzalwa nguye lonke uluntu.

21UNdikhoyo uThixo wabenzela izambatho zesikhumba senyamakazi, wabambesa zona ooAdam noEfa.

Ukugxothwa kuka-Adam noEfa emyezweni

22Wathi ke uNdikhoyo uThixo: “Umntu ngoku unjengathi, uyakwazi ukucalula okuhle kokubi. Kuya kuthini ke xa athe wakha, watya kumthi wobomi, aze aphile angaze afe?”

23UNdikhoyo uThixo wamgxothela ngaphandle komyezo umntu, wamenza umlimi womhlaba avele kuwo.

24Kwicala elingasempumalanga lomyezo uThixo wabeka izithunywa ezimaphiko nekrele elidangazelayo, elijika-jika lijonge kwiimbombo zonke. Zazilinde ukuba kungabikho bani usondelayo kumthi wobomi.

Eyeziqalo 4

UKayen noAbheli

1UAdam wadibana nomkakhe uEfa, waza wakhulelwa. Wazala umntwana oyinkwenkwe, waza wathi: “Ndifumene inkwenkwe ngoncedo lukaNdikhoyo.” Wamthiya igama ke, wathi nguKayen.

2Uphinde wazala inkwenkwe: uAbheli. UAbheli wayengumfuyi weempahla, yena uKayen engumlimi.

3Emva kwethuba uKayen wenzela uNdikhoyo umnikelo ngenxalenye yesivuno sakhe.

4Yena ke uAbheli wathatha amanqatha kumazibulo omhlambi weegusha zakhe, wenza idini. UNdikhoyo wakholiswa nguAbheli, waneliseka nangumnikelo wakhe,

© 1996 Bible Society of South Africa.

5kodwa akanelanga nguKayen nomnikelo wakhe. Waqumba uKayen, waba ntshingi-ntshingi ngumsindo.

6Wathi ke uNdikhoyo kuKayen: “Uqumbeleni? Kutheni wantshingi-ntshingi?

7Ukuba ubulungisile, ngewamkelekile; kodwa ke, kuba wenze ububi, isono sesikungxangele emnyango. Isono sifuna ukukulawula, kodwa uze usilwe usoyise.”

8UKayen wathetha nomninawa wakhe uAbheli. [“Makhe siye endle, mfondini.”] Bathi bakuba besendle, uKayen wajikela umntakwabo, wambulala.

9UNdikhoyo uthe kuKayen: “Uphi uAbheli umntakwenu?” Wathi uKayen ukuphendula: “Andazi. Ndingumalusi womntakwethu mna kakade?”

10Uthe ke uNdikhoyo: “Uyenzele ntoni into embi kangaka, Kayen? Igazi lomntakwenu oliphalazele emhlabeni liyakhala, likhalela impindezelo.

11Uqalekisiwe! Akusobe uphinde uwulime umhlaba. Kaloku úlifunxile umhlaba igazi lomntakwenu ngokuya ubumbulala.

12Uya kuthi wakulima, usuke umhlaba ungavelisi kutya konke. Uya kuba sisibhadu-bhadu esijikeleza elizweni.”

13Waphendula wathi uKayen: “Esi sohlwayo siqatha; andinako ukusinyamezela.

14Uyandigxotha ngoku emhlabeni, ndibe kude nawe. Ngoku ndiza kuba ngudingezweni, yaye wonke ubani odibana nam uya kundibulala.”

15Uphendule wathi uNdikhoyo: “Hayi, akunjalo; ukuba kubekho mntu ukubulalayo, ndomohlwaya ngokuphindwe kasixhenxe.” Waza ke uNdikhoyo wamphawula uKayen khon' ukuze nabani na odibana naye angambulali.

16Wemka ke uKayen kuNdikhoyo, waya kuhlala eNodi,empuma yeIdeni.

Inzala kaKayen

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17UKayen nomkakhe bafumana umntwana oyinkwenkwe, uInoki. Wakha isixeko uKayen, wasithiya ngegama lonyana wakhe.

18UInoki wazala unyana, wathi igama lakhe nguHiradi. Yena uHiradi wazala uMehuyali; uMehuyali wazala uMethusali; uMethusali yena wazala uLameki.

19ULameki wayenabafazi ababini, uAda noZila.

20UAda wazala uYabhali, ongukhokho kwabo babehlala ezintenteni, bengabafuyi.

21Umntakwabo-Yabhali yayinguYubhali, ongukhokho wazo zonke iimvumi ezidlala iihapu neefleyiti.

22UZila wazala uThubhali-kayen, owayengumkhandi wezixhobo zokusebenza ezenziwa ngobhedu nangentsimbi. Wayenodade wabo uNama.

23Wathi uLameki kubafazi bakhe: “Ada noZila, khanive bethu; bafazi bakaLameki, bekani iindlebe. Ndombulala umntu ondibethayo, umfana ondenzakalisayo.

24Ke ukuba umntu wohlwaywa kasixhenxe ngokubulala uKayen, ngamashumi asixhenxe anesixhenxe ngokubulala uLameki.”

USeti noEnoshe

25UAdam nomkakhe baba nomnye unyana. Wathi uEfa: “UThixo undiphe omnye unyana endaweni ka-Abheli owabulawa nguKayen.” Wathi ke igama lakhe nguSeti.

26USeti wazala unyana, wathi nguEnoshe. Baqala ngoko ke abantu ukunqula igama likaNdikhoyo.

Eyeziqalo 5

Inzala ka-Adam
(1 Gan 1:1-4)

1Nanga amagqabantshintshi ngoAdam. (Kaloku uThixo ukudala kwakhe abantu, wabenza bafana naye.

© 1996 Bible Society of South Africa.

[2]Wadala indoda nomntu obhinqileyo, wabathamsanqelisa, wathi bangabantu.)

[3]Akuba nekhulu elinamashumi mathathu uAdam, wazala unyana owayefuze yena ncakasana, wathi igama lakhe nguSeti.

[4]UAdam wahlala amakhulu asibhozo eminyaka emva koko. Waba nabanye oonyana neentombi.

[5]Ubhubhe enamakhulu asithoba namashumi mathathu ubudala.

[6]Uthe akuba nekhulu elinesihlanu uSeti, wazala unyana uEnoshe.

[7]Yena uhleli amakhulu asibhozo anesixhenxe, wazala abanye abantwana.

[8]Wabhubha enamakhulu asithoba aneshumi elinambini leminyaka.

[9]UEnoshe yena wayenamashumi asithoba eminyaka ukuzala kwakhe unyana, uKenan.

[10]Uhleli amakhulu asibhozo aneshumi elinesihlanu, wazala nabanye abantwana.

[11]Ubhubhe enamakhulu asithoba anesihlanu.

[12]UKenan yena uzele uMahalaleli xa enamashumi asixhenxe ubudala.

[13]Wahlala amakhulu asibhozo namashumi mane; wazala abanye abantwana.

[14]Yena ubhubhe enamakhulu asithoba aneshumi leminyaka ubudala.

[15]UMahalaleli uzele unyana wakhe uJerede xa wayenamashumi amathandathu anesihlanu ubudala.

[16]Uhleli amakhulu asibhozo anamashumi mathathu emva koko, wazala nabanye abantwana.

[17]Yena ubhubhe emakhulu asibhozo namashumi asithoba anesihlanu.

[18]UJerede wayeneminyaka elikhulu elinamashumi amathandathu anambini ukuzala kwakhe unyana wakhe uInoki.

[19]Emva koko uhleli amakhulu asibhozo eminyaka, wazala abanye abantwana.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[20]Ubhubhe xa emakhulu asithoba anamashumi amathandathu anesibini ubudala.

[21]UInoki uzele unyana, uMethusela, xa wayenamashumi mathandathu anantlanu eminyaka.

[22]Emva koko uInoki wahlala amakhulu amathathu eminyaka edlelana noThixo. Uphinde wanabanye abantwana.

[23]Ubomi ubudle amakhulu mathathu namashumi mathandathu anesihlanu eminyaka.

[24]Wayesoloko enobudlelane noThixo ngalo lonke elo xesha. Kamva ke wathi shwaka akaziwa apho akhoyo, kuba wayethathwe nguThixo.

[25]UMethusela wazala unyana, uLameki, enekhulu linamashumi asibhozo anesixhenxe.

[26]Wahlala amakhulu asixhenxe anamashumi asibhozo anambini. Wazala nabanye abantwana.

[27]Wabhubha emakhulu asithoba namashumi mathandathu anesithoba ubudala.

[28]ULameki wayenekhulu linamashumi asibhozo anambini ukuzala kwakhe unyana.

[29]Wathi yakuvela loo nkwenkwe: “Lo mntwana uza kusithuthuzela ekubulalekeni kulo mhlaba uqalekisiweyo nguNdikhoyo.” Wathi ke igama lakhe nguNowa.

[30]ULameki wahlala amakhulu amahlanu anamashumi asithoba anesihlanu emva koko. Wazala nabanye abantwana.

[31]Ubhubhe emakhulu asixhenxe mashumi asixhenxe anesixhenxe ubudala.

[32]Akuba makhulu mahlanu eminyaka uNowa wazala oonyana babathathu; yayinguShem, noHam, noYafete.

Eyeziqalo 6

© 1996 Bible Society of South Africa.

Ubutshijolo babantu

1Lwakuba lwandile uluntu, luthe saa elizweni, kuzelwe namantombazana,

2oonyana bakaThixo baphandlwa bubuhle beentombi zabantu, bazikhethela abafazi kuzo ngokuzithandela.

3Ngoko ke uNdikhoyo wathi: “Andisayi kubayeka babe zizimakade abantu. Kaloku bangabantu abafayo. Ukususela ngoku abayi kuhlala ngaphezu kwekhulu elinamashumi amabini eminyaka.”

4Ngezo mini, ukanti nangasemva koko, kwakukho iingxilimbela zabafo elizweni ababezalwa ziintombi zabantu noonyana bakaThixo. Yayingamakroti neendwalutho zamandulo ezo.

5Uthe ke uNdikhoyo akukuphawula ukuba ngamatshijolo kwabantu elizweni, nokuthi rhoqo kwabo ukuyila ububi,

6weva into embi ngenxa yokuba wabadala wababeka elizweni.

7Wathi: “Ndiza kubacima kuphele, bangabikho konke emhlabeni abantu endibadalileyo. Nditsho nkqu neenyamakazi, neentaka, kuba ndiyazisola ngento endabadalela yona.”

8Kodwa uNowa wamkeleka kuNdikhoyo.

UNowa

9Nanga amagqabantshintshi ngoNowa. Lo Nowa wayelilunga lomfo.Kwakungekho siphene kuye phakathi kwabantu bemihla yakhe. Wayehlala enobudlelane noThixo.

10UNowa wayenoonyana abathathu: uShem, noHam, noYafete.

11Lonke uluntu lwalonakele phambi koThixo. Abantu babeziindlobongela zezijama-nkungwini ezigqibe lonke ilizwe.

12Walibona lonakele ilizwe uThixo, kuba abantu babeziphethe kakubi.

13Wathi ke uThixo kuNowa: “Ndifikelele ekubeni ndilubhangise lonke uluntu. Ndiza kulutshabalalisa luphele tu, kuba ilizwe lizele zizenzo zobundlobongela.

© 1996 Bible Society of South Africa.

14Wena zenzele inqanawa ngamaplanga, ibe namagumbi, uyiqabe itha ngaphandle nangaphakathi.

15Uzuyenze ibe likhulu leemitha namashumi mathathu anantathu ubude, ibe ngamashumi mabini anambini eemitha ububanzi, zibe lishumi elinesithathu iimitha ukuphakama.

16Uzuyifake uphahla inqanawa, ushiye isithuba esingamashumi amane anane eesentimitha sibe phakathi kophahla namacala eendonga zenqanawa. Yenze ibe nemigangatho emithathu, ibe nomnyango ecaleni.

17Ndiza kuthumela izantyala-ntyala zemvula elizweni, zibhubhise yonke into ephilayo. Kuza kufa yonke into,

18kodwa wena ndiza kukwenzela umnqophiso. Ngena enqanaweni nomkakho kunye noonyana bakho nabafazi babo,

19-20ungenise enqanaweni inkunzi nemazi kwiindidi zonke zezilwanyana neentaka, zona eziya kuza kuwe ukuze zisinde.

21Uze uphathe iindidi zonke zokutya kwabantu nezilo.”

22Wayenza yonke loo nto wayixelelwa nguThixo uNowa.

Eyeziqalo 7

Unogumbe

1Wathi ke uNdikhoyo kuNowa: “Ngena enqanaweni nomkakho kunye nosapho lwakho. Ndiphawule ukuba nguwe wedwa kwesi sizukulwana olilungisa.

2Uze ungenise enqanaweni iinyamakazi ezityiwayo zibe ngasixhenxe, ibe yinkunzi nemazi, kodwa kwezingatyiwayo ibe yinkunzi nemazi zibe ngambini,

3kwaneendidi zeentaka zibe ngasixhenxe, inkunzi nemazi. Loo nto yenzelwa ukuze zonke ezi ndidi zeenyamakazi neentaka zibuye ziqhame kwakhona elizweni.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Emva kweentsuku ezisixhenxe ndiza kunisa imvula eya kutsho iintsuku
nobusuku ezingamashumi mane, ukuze itshabalalise yonke into ephilayo
endayidalayo.”

5UNowa wayenza yonke into ayiyalelwa nguNdikhoyo.

6Wayemakhulu mathandathu ubudala uNowa ukufika kwezantyala-ntyala
zemvula kanogumbe elizweni.

7Yena nomkakhe noonyana bakhe kunye nabafazi babo babalekela
enqanaweni ukufika kwaloo mvula.

8-9Kwangena kuloo nqanawa inkunzi nemazi yazo zonke iindidi
zeenyamakazi neentaka ezityiwayo nezingatyiwayo ngokomyalelo kaThixo.

10Zagaleleka izandyondyo zemvula emva kweentsuku ezisixhenxe.

11Wayemakhulu mathandathu ubudala uNowa, ingumhla weshumi
elinesixhenxe kwinyanga yesibini xa kwakugqabhuka imithombo yamanzi
angaphantsi komhlaba, kuvuleka nemivalo yemisinga esesibhakabhakeni.

12Yatsho izandyondyo imvula iintsuku ezimashumi mane nobusuku bazo.

13Ngaloo mini kanye uNowa nomkakhe bangena enqanaweni kunye
noonyana babo bobathathu, uShem, noHam, noYafete, kwakunye nabafazi
babo.

14Bangenisa kunye nabo nezilwanyana zonke, ezasekhaya nezasendle,
ezinkulu nezimfutshane, nazo zonke iindidi zeentaka.

15-16Kweza inkunzi nemazi yazo zonke izinto eziphilayo, zangena apho
enqanaweni ngokomyalelo kaThixo. UNdikhoyo waluvala ucango akungena
uNowa.

17Yatsho izandyondyo imvula iintsuku zamashumi mane, athi ngokuya
esanda amanzi ayifunqula inqanawa.

18Aye enyuka amanzi, yadada phezu kwawo yona inqanawa.

© 1996 Bible Society of South Africa.

19Aphakama amanzi, ada agubungela nezona ziphakamileyo iintaba kulo
lonke elimiweyo;

20anyuka ada aziimitha ezisixhenxe ukusuka encochoyini yeentaba.

21Kwafa yonke into ephilayo elizweni. Kwafa iintaka, kwafa imfuyo, kwafa
iinyamakazi, kwafa nabantu.

22Kwafa yonke into ephefumlayo elizweni.

23Kwatshatyalaliswa yonke into ephilayo elizweni: abantu, neenyamakazi,
neentaka. Kwasala uNowa kunye nabo babesenqanaweni kunye naye.

24Kwada kwaba likhulu linamashumi mahlanu eentsuku engathothi loo
manzi.

Eyeziqalo 8

Ukupheza kukanogumbe

1UThixo wayengabalibalanga ooNowa nezilwanyana nezilo ezazisenqanaweni
kunye nabo. Wavelisa umoya, aza andula ukuthotha amanzi.

2Yavalwa imithombo yamanzi engaphantsi komhlaba nesesibhakabhakeni,
yapheza imvula.

3Aya ethotha amanzi kwada kwaziintsuku ezilikhulu linamashumi mahlanu.

4Ngomhla weshumi elinesixhenxe wenyanga yesixhenxe inqanawa yaya kuma
phezu kweentaba zeArarati.

5Aya ephela amanzi, kwathi ngomhla wokuqala wenyanga yeshumi zathi thu
iincopho zeentaba.

6Emva kwamashumi amane eentsuku uNowa wavula ifestile yenqanawa,

7wakhupha ihlungulu. Lona lamana ukuphaphazela libheka ngapha
nangapha, ada atshona amanzi emhlabeni.

8UNowa wandulula ihobe ukuya kuhlola ukuba atshile na amanzi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

9Kodwa alizanga lifumane ndawo yakuhlala ihobe, laza labuyela kuye enqanaweni, kuba umhlaba wawusagqunywe ngamanzi. Wolula isandla uNowa, walibamba, walingenisa enqanaweni.

10Walinda iintsuku zasixhenxe, waphinda walikhupha ihobe.

11Labuya ngokuhlwa seliphethe igqabi lomnquma ngomlomo, elalisandul' ukulikha. Waqonda ke uNowa ukuba amanzi athothile.

12Walinda ezinye iintsuku ezisixhenxe, waza walikhupha kwakhona ihobe. Alizanga liphinde libuye ngesi sihlandlo.

13Kuthe ke xa uNowa wayemakhulu mathandathu ananye ubudala, ngomhla wokuqala kwinyanga yokuqala, aba seletshonile amanzi emhlabeni. Wawuvula umnyango wenqanawa uNowa, wakhangela ngaphandle macal' onke, wawubona umhlaba womile.

14Ngomhla wamashumi mabini anesixhenxe, ngenyanga yesibini, laliselome khonkqo ilizwe.

15UThixo wathi kuNowa:

16“Phuma enqanaweni kunye nomkakho, noonyana bakho, kunye nabafazi babo.

17Zikhuphe zonke izidalwa ezisenqanaweni, iintaka neenyamakazi, nezinto ezirhubuluzayo, ukuze ziqhame, zande, zizalise ihlabathi.”

18Waphuma ke uNowa enqanaweni kunye nomkakhe, noonyana bakhe, kunye nabafazi babo.

19Zonke izidalwa ezishukumayo, iintaka nezilwanyana nezinto ezirhubuluzayo, zaphuma enqanaweni ngokweendidi zazo.

UNowa unikela idini

20Wenza iqonga lamadini kaNdikhoyo uNowa. Wathatha isilwanyana ngasinye nentaka nganye, kwezo zodidi olutyiwayo, wazinikela zangumbingelelo phezu kwelo qonga.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21Lamkeleka ivumba lazo kuNdikhoyo, waza wathi: “Andisobe ndiliqalekise ilizwe ngenxa yezenzo zabantu. Kaloku ndiyazi ukuba umntu uneengcinga ezigwenxa kwaeselula. Andisobe ndizitshabalalise izinto eziphilayo njengoko sendenjenjalo.

22Kuya kusoloko kukho amaxesha okulima namaxesha okuvuna wonke lo gama lisemiyo ilizwe; kuya kubakho ingqele nobushushu, ihlobo nobusika, ubusuku nemini.”

Eyeziqalo 9

Umnqophiso kaThixo noNowa

1UThixo wamthamsanqelisa uNowa kunye noonyana bakhe, esithi: “Qhamani nande, nizalise ihlabathi ngenzala yenu.

2Izilo zonke, kwaneentaka neentlanzi, mazinoyike. Zonke ziphantsi kwegunya lenu.

3Yonke into ephilayo yoba kukutya kwenu. Njengoko ndaninikayo uhlaza, ndininika into yonke ngoku.

4Into eningayi kuyitya yinyama yento engophanga. Andiyivumeli loo nto, kuba igazi libubomi.

5Umntu obulala omnye umntu unetyala. Nasiphi na isilwanyana esibulala umntu ndiya kusibulala.

6Umntu wenziwa wangumfuziselo kaThixo, nabani na ke obulala omnye umntu naye uya kubulawa kwangomnye umntu.

7“Ze nichume nande, ukuze inzala yenu ilizalise ilizwe.”

8Uqokele wathi uThixo kuNowa nakoonyana bakhe:

9“Ngoku ndiza kwenza umnqophiso nani kwakunye nenzala yenu,

10nazo zonke izinto eziphilayo: izilo zonke, kunye nempahla efuyiweyo, neentaka zonke; nditsho yonke into ebisenqanaweni kunye nani.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Ndithi andisobe ndizitshabalalise ngemvula kwakhona izinto eziphilayo. Ilizwe alisobe liphinde lipheliswe ngemvula. Ngumnqophiso wam lowo.

12-13Umqondiso walo mnqophiso endikwenzela wona kunye nazo zonke izinto eziphilayo, ngumnyama oya kubakho esibhakabhakeni. Nguwo lowo umqondiso womnqophiso ongasoze ujike endiwenzela abantu nalo lonke elimiweyo.

14-15Nanini na xa lisibekele, amafu eziingqimba, ndowukhumbula lo mnqophiso wam kwakuvela umnyama. Nditsho lo mnqophiso ndiwenzele wena nazo zonke izinto eziphilayo, ndisithi andisobe ndilitshabalalise ilizwe kwakhona ngemvula.

16Wakuvela umnyama emafini, ndiwubone, ndokhumbula umnqophiso ongasoze ujike endiwuthembise zonke izinto eziphilayo elizweni.

17Nguwo ke lowo umqondiso womnqophiso endiwenzela yonke into ephilayo.”

UNowa noonyana bakhe

18UNowa waphuma enqanaweni noShem noHam noYafete oonyana bakhe. (UHam nguyise kaKanana.)

19Oonyana bakaNowa bobathathu ngookhokho babo bonke abantu elizweni.

20UNowa owayengumlimi waqala ngokulima umdiliya.

21Akuba esele iwayini uNowa wanxila, wakhulula, walala ze egumbini lakhe.

22UHam, uyise kaKanana, uthe akumbona eze uyise, waphuma waya kuxelela abantakwabo phandle.

23Ke bona ooShem noYafete bathatha ingubo, baya ngomva kuyise egumbini lakhe, bamambathisa bengamjonganga, ukuze bangamboni ehamba ze.

24Akuqabuka uNowa, wayiva into eyenziwe ngunyana wakhe oligqibelo,

25wathi: “Uqalekisiwe uKanana! Uya kuba lixhoba labantakwabo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

26Mdumiseni uNdikhoyo uThixo kaShem. UKanana uya kuba likhoboka likaShem.

27Wanga uThixo angawandisa umhlaba kaYafete; yanga inzala yakhe ingaxhamla amathamsanqa kunye nekaShem; uKanana yena abe likhoboka likaYafete.”

28UNowa wahlala amakhulu amathathu namashumi amahlanu emva kwemvula kanogumbe,

29wabhubha emakhulu alithoba namashumi mahlanu ubudala.

Eyeziqalo 10

Umlibo wenzala yoonyana bakaNowa

(1 Gan 1:5-23)

1Nanga amagqabantshintshi ngoonyana bakaNowa, uShem noHam noYafete. Kaloku nabo bazala oonyana emva kwemvulakazi kanogumbe.

2Oonyana bakaYafete naba: nguGomere, uMagogi, uMadayi, uJavan, noTubhali, uMesheki, noTisari.

3Inzala kaGomere ngama-Ashkenezi, amaRifati, namaTogarma.

4Inzala kaJavan yona ngamaElisha, amaTashishe, amaKiti, namaDodan.

5Ngabo abangookhokho babantu ababegudle unxweme nabo babeseziqithini. Yinzala kaYafete ke leyo, eyayimi izizwe ngezizwe kwiindawo ngeendawo, isizwe ngasinye sithetha olwaso ulwimi.

6Oonyana bakaHam nguKushe, uMizerayim, uPuti, noKanana.

7Inzala kaKushe yaba ngamaSebha, amaHavila, amaSabheta, amaRama, namaSabheteka. Inzala kaRama ngamaShebha namaDedan.

8UKushe wayenonyana ogama linguNimrodi, owaba lelona kroti libalaseleyo elizweni.

9Ngoncedo lukaNdikhoyo waba lichebesha lezingela. Yiyo ke loo nto kuthiwa xa kuthethwayo: “Wanga uNdikhoyo angakupha amandla, ube lizingela, ufuze uNimrodi.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Lwaqala eBhabheli, e-Ereki, naseAkadi ulawulo lwakhe. Zontathu ezo
ndawo zikwelaseBhabheli.

11Ukusuka apho waya eAsiriya apho wakha isixeko saseNiniva,
esaseRehobhoti-ire, nesaseKala,

12kunye neRezen emi phakathi kweNiniva nesixekokazi iKala.

13Inzala kaMizerayim yaba ngamaLudi, ama-Anam, amaLehabhi,
amaNafetuyi,

14amaPatrusi, namaKaseluyi, apho kwakuvela khona amaFilistiya namaKafto.

15Oonyana bakaKanana nguSidon owamazibulo, kunye noHeti,

16noJebhusi, noAmori, noGirgashi,

17noHivi, noAreki, noSini,

18noArvadi, noZemari, noHamati. Izizwe ngezizwe zakwaKanan zathi saa,

19yada imida yazo yaya kuthi xhaxhe ngeSidon, yada yaya kutsho eGerari
ngaseGaza, yenjenjeya ukuya eSodom naseGomora, eAdama naseZebhoyim
kufuphi neLasha.

20Yinzala kaHam ke le eyayimi izizwe ngezizwe kwiindawo ngeendawo,
sizwe ngasinye sithetha olwaso ulwimi.

21UShem, umkhuluwa kaYafete, waba ngukhokho wamaHebhere.

22Oonyana bakhe nguElam, uAsuri, uArpakishadi, uLudi, noAram.

23Inzala ka-Aram yaba ngamaUzi, amaHuli, amaGetere, namaMahi.

24UArpakishadi wazala uShela, owazala uHebhere.

25UHebhere wazala oonyana ababini. Omnye nguPelege, kuba ngexesha lakhe
abantu babahlulelene elizweni, omnye yayinguJoketan.

26Inzala kaJoketan yaba ngama-Alemodadi, amaShelefe, amaHazare-mavete,
amaJera,

27amaHadoram, amaUzali, amaDikela,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

28amaObhali, ama-Abhimayeli, amaShebha,

29amaOfire, amaHavila, namaJobhabhi. Zonke ezi zizwe yinzala kaJoketan.

30Umhlaba ababemi kuwo wawusuka eMesa uye kuthi xhaxhe ngeZefara kweleentaba empumalanga.

31Yinzala kaShem ke leyo, eyayimi izizwe ngezizwe kwiindawo ngeendawo, isizwe ngasinye sithetha olwaso ulwimi.

32Yinzala kaNowa yonke ke le, izizizwe ngezizwe ngokwemilibo yazo. Emva kwemvula kanogumbe zonke izizwe elizweni zavela koonyana bakaNowa.

Eyeziqalo 11

Inqaba yaseBhabheli

1Ngelo xesha abantu elizweni babethetha ulwimi olunye, besebenzisa namagama afanayo ezinto.

2Ke ekubhaduleni kwabo kwelasempumalanga bada baya kutsho kumathafa aseBhabheli, bema apho.

3Bathethana bathi: “Masenze izitena, sizitshise ziqine.” Baza ke basebenzisa ezo zitena endaweni yamatye, netha endaweni yodaka.

4Bathi ke: “Masakhe isixeko, senze nenqaba enencopho eya kutsho esibhakabhakeni, ukuze sibe negama nathi, singathi saa elizweni.”

5 UNdikhoyo wehla weza kusibona eso sixeko babesakhile nenqaba leyo,

6waza wathi: “Xa aba bantu beluhlanga olunye, bekwantetho-nye, sebeqala ngokwenjenje, abanakuxakwa nayintoni na abafuna ukuyenza.

7Yizani sihle, ulwimi lwabo silwenze lube yingxuba-kaxaka, khon' ukuze bangevani ngentetho.”

8Wabathi saa elizweni uNdikhoyo, àbasakha neso sixeko.

9Kwathiwa eso sixeko yiBhabheli, kuba kaloku uThixo wasuka wayenza ingxuba-kaxaka intetho yabantu. Ukusuka apho abantu bathi saa elizweni.

Inzala kaShem

© 1996 Bible Society of South Africa.

(1 Gan 1:24-27)

10Nanga amagqabantshintshi ngoShem. Kudlule iminyaka yamibini emva konogumbe, uShem wazala unyana uArpakishadi selenekhulu leminyaka ubudala.

11Uhleli amanye amakhulu amahlanu emva koko, wazala abanye abantwana.

12Akuba namashumi mathathu anantlanu uArpakishadi, wazala unyana uShela.

13Emva koko uhleli amakhulu mane anantathu, wazala nabanye abantwana.

14Akuba namashumi mathathu uShela, wazala unyana uHebhere.

15Wahlala amakhulu mane anantathu emva koko, wazala nabanye abantwana.

16Wayenamashumi mathathu anane uHebhere ukuzala kwakhe unyana uPelegi.

17Uhleli amakhulu mane anamashumi mathathu emva koko, wazala abanye abantwana.

18UPelege uzele unyana, uRewu, emashumi mathathu ubudala.

19Uhleli amakhulu mabini anethoba emva koko, wazala nabanye abantwana.

20URewu uzele unyana, uSerugi, emashumi mathathu anambini ubudala.

21Uhleli amakhulu mabini anesixhenxe emva koko, wazala nabanye abantwana.

22Akuba mashumi mathathu ubudala uSerugi, wazala uNahore.

23Uhleli amakhulu mabini eminyaka emva koko, wazala nabanye abantwana.

24Wayenamashumi mabini anethoba uNahore ukuzala kwakhe unyana wakhe uTera.

25Emva koko uhleli ikhulu lineshumi elinethoba leminyaka, waza wazala nabanye abantwana.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

26UTera wayeselenamashumi asixhenxe ukuzala kwakhe uAbram noNahore noHaran.

Inzala kaTera

27Nanga amagqabantshintshi ngoTera uyise ka-Abram noNahore noHaran. UHaran wazala uLothe,

28waza kwayena uHaran watshabela kwakweso sixeko sakubo, iUre kwelamaKaledi. Uyise wayesadla amazimba.

29UAbram wathatha uSarayi, waza uNahore yena wathatha uMilika, intombi kaHaran uyise kaIska.

30Ke kaloku uSarayi wayengenabantwana, kuba wayengazali.

31UTera wafuduka eUre, ehamba noAbram unyana wakhe, kunye nomzukulwana wakhe uLothe, unyana kaHaram, kwakunye noSarayi umolokazana wakhe, umka-Abram. Wemka kwelamaKaledi, wafudukela welaseKanana. Bahamba bada baya kutsho eHaran, bafika bema apho.

32Wabhubhela apho eHaran uTera emakhulu mabini anantlanu ubudala.

Eyeziqalo 12

Ukufuduka kuka-Abram

1 UNdikhoyo wathi kuAbram: “Lishiye ilizwe lakowenu, izizalwana kunye nekhaya lakho, umke uye kwilizwe endiza kukwalathisa lona.

2“Ndiza kukunika inzala eninzi, eya kuba sisizwe esikhulu; ndikunike amathamsanqa, libe nodumo igama lakho, ube lithamsanqa nakwabanye.

3Abo bakuthamsanqelisayo nam ndobathamsanqelisa, ndibaqalekise abo bakuqalekisayo. Zonke izizwe zothamsanqeliswa ngawe.”

4Wanduluka ke uAbram eHaran ngokomyalelo kaNdikhoyo. Wayemashumi asixhenxe anantlanu ubudala. ULothe naye wahamba kunye noAbram.

5UAbram wemka nomkakhe uSarayi, kunye noLothe unyana womninawa wakhe. Wathatha bonke ubutyebi bakhe, kunye nezicaka zakhe azifumene eHaran, wenjenjeya ukubheka eKanana. Bakufika eKanana,

© 1996 Bible Society of South Africa.

6uAbram wenjenjeya wada waya kugaleleka eShekem kwindawo enomthi
kaMore. Ayesemi kwelo zwe ngelo xesha amaKanana.

7UNdikhoyo wabonakala kuAbram, wathi: “Nali ke ilizwe eliya kumiwa
yinzala yakho.” UAbram ke wenza iqonga apho, wanqula uNdikhoyo
owabonakala kuye.

8Ukusuka apho wabheka ngasemazantsi kweleentaba kwicala langasempuma
yesixeko saseBhetele. Wazigxumeka apho iintente, ephahlwe yiBhetele
ngasentshona neAyi ngasempumalanga. Nalapho wenza iqonga, wanqula
uNdikhoyo.

9Wanduluka nalapho, egqitha kwiindawo ngeendawo, ejonge emazantsi
eKanana.

UAbram eJiputa

10Kwakukho indlala eKanana. Yayinkulu kangangokuba uAbram wehla waya
eJiputa, wakha wahlala apho ixeshana.

11Akufika emideni, wathi kumkakhe uSarayi: “Ndiyazi ukuba umhle gqitha,

12yaye akukubona amaJiputa, aza kuthi ungumkam, aze andibulale mna,
akushiye wena.

13Uze uthi ke ungudade wethu. Aya kundiphatha kakuhle ke ngenxa yakho,
angandibulali.”

14Akugqitha emideni engena eJiputa, amaJiputa akhangwa bubuhle bomka-
Abram.

15Amaphakathi kakumkani athi nawo akumbona abuncoma ubuhle bakhe
kukumkani. Wathathwa ke, waya kuhlala ebhotwe kwakumkani.

16Ukumkani wamphatha kakuhle uAbram ngenxa yomkakhe, wamphawulela
imihlambi yeegusha neebhokhwe, iinkomo needonki, izicaka neenkamela.

17Kodwa ngenxa yokuthathwa kukaSarayi ngukumkani, uNdikhoyo
wathumela izibetho zezifo kukumkani nakubantu bonke bakomkhulu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

18Waza ke ukumkani wabiza uAbram, wathi: “Yintoni le nto undenze yona?
Kutheni ungandixelelanga nje ukuba ngumkakho lo?

19Kutheni usithi ngudade wenu nje, undiyeke ndimenze umkam? Nanko ke
umkakho; mthathe umke naye.”

20Ukumkani wayalela amadoda ukuba uAbram makakhutshelwe ngaphandle
kwemida yelo zwe, emke nomkakhe, nayo yonke impahla yakhe.

Eyeziqalo 13

Ukwahlukana kuka-Abram noLothe

1Ukuphuma kwakhe eJiputa uAbram wabheka ngasentla emazantsi
aseKanana, ehamba nomkakhe, nemfuyo yakhe yonke, uAbram, eneegusha
neebhokhwe kwakunye noLothe.

2Wayefumile neenkomo, enayo nesiliva negolide.

3Nalapho wemka, edlula kwiindawo ngeendawo, esingise eBhetele.

4Wafika kulaa ndawo wakha wagxumeka kuyo iintente kuqala, leya iphahlwe
yiBhetele neAyi, apho wayenzele khona uThixo iqonga, wanqula khona
uNdikhoyo.

5ULothe naye wayeneegusha neebhokhwe neenkomo, nentsapho nezicaka
zakhe.

6Ngoko ke amadlelo akazange ayanele impahla yabo eninzi, nomhlaba
wokuhlala awabanela.

7Kwabakho ingxwaba-ngxwaba phakathi kwamadoda alusa impahla ka-
Abram namadoda alusa ekaLothe. AmaKanana namaPerezi ayesahlala kwelo
zwe.

8UAbram wathi kuLothe: “Siyazalana, mfondini; masingabhidani, namadoda
ethu makangalwi.

9Kungcono sahlukane; umhlaba uphangalele. Zikhethele nayiphi na indawo,
uye kwelo cala, mna ndiye kwelinye.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

10Wakhangela uLothe, waphawula ukuba yonke loo ntili yeJordan ukuya
kuma ngeZoware, yayingumhlaba onamanzi. Wawufana nomyezo
kaNdikhoyo, ufana nqwa nelaseJiputa. Ngeli xesha kwakungaphambi
kokutshatyalaliswa kweSodom neGomora.

11ULothe wayithatha yonke loo ntili yeJordan, wenjenjeya ukubheka
ngasempumalanga. Aba ayahlukana njalo loo madoda mabini.

12Wasala kwilizwe laseKanana uAbram, uLothe yena wagxumeka iintente
kuloo ntili iphakathi kwezo zixeko zingaseSodom.

13Abantu baseSodom babegwenxa, bemona gqitha uNdikhoyo.

UAbram uya eHebron

14Akuba emkile uLothe, uNdikhoyo wathi kuAbram: “Bheka-bheka ukhangele
kakuhle macal' onke ukuloo ndawo umi kuyo.

15Wonke loo mhlaba uwubonayo ndiza kuwunika wena kunye nenzala yakho.
Niya kuwuma ngalo lonke ixesha.

16Ndiza kukunika inzala eninzi, ibe yinyambalala engaphezu kwentlabathi,
engenakubalwa mntu.

17Hamba ke, uye kuwuhlola macal' onke loo mhlaba, kuba ndikunika wona.”

18UAbram ke wazikhulula iintente, wemka waya kuma ngakwimithi
yaseMamre eHebron, apho wamenzela khona uNdikhoyo iqonga lamadini.

Eyeziqalo 14

UAbram uhlangula uLothe

1Kwaqubisana emfazweni iikumkani ezine: uAmrafele waseBhabheli,
uAriyoki wase-Elazare, uKedor-lahomere wase-Elam, kunye noTidali
waseGoyi.

2Yayilidabi neekumkani ezintlanu: uBhera waseSodom, uBhisha waseGomora,
uShinabhi waseAdama, uShenebhere waseZebhoyim, nekumkani yaseBhela
ekwakusithiwa yiZoware.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Zontlanu ezi kumkani zaqukanisa imikhosi yazo entilini yeSidim, ngoku
eluLwandle oluFileyo.

4Zaziphantsi koKedor-lahomere ishumi elinambini leminyaka. Zamvukela
kodwa kulo weshumi elinantathu.

5Kunyaka weshumi linane uKedor-lahomere namakholwane akhe badibanisa
imikhosi yabo, bawachitha amaRafa eAshtaroti-karnayim, amaZuzi eHam,
namaEma ethafeni laseKiriyatayim.

6AmaHori bawadudula kwezo nduli zaseSeyire, bawasukela aya kutsho e-
Elparan ngasentlango.

7Babuyela eKadeshe, ekwakusithiwa yiEn-mishpati ngoko. Balihlutha lonke
ilizwe lama-Amaleki nama-Amori awayemi eHazezon-tamare.

8Zaphuma iikumkani zaseSodom, eGomora, eAdama, eZebhoyim, naseBhela,
le kuthiwa yiZoware, zayikhupha imikhosi yazo ukusinga edabini kuloo ntili
yaseSidim.

9Zaqubisana apho ezi kumkani zintlanu neekumkani ezine: ooKedor-lahomere
wase-Elam, noTidali waseGoyi, noAmrafele waseBhabheli, noAriyoki wase-
Elasare.

10Kuloo ntili kwakukho imihadi enetha. Zithe xa zibalekayo edabini
iikumkani zaseSodom naseGomora, amanye amajoni eyela kuloo mihadi.
Asindileyo abalekela ezintabeni.

11Iikumkani ezine zathimba yonke into eSodom naseGomora, zemka kunye
nokutya.

12ULothe unyana womninawa ka-Abram wayehlala eSodom, zamthimba
kunye nempahla yakhe.

13Kwabakho ndoda ithile yasindayo, eyabaleka yaya kuxelela uAbram
umHebhere owayehlala ngakwimithi kaMamre umAmori. UMamre
nabantakwabo uEshkoli noAnere babengamakholwane ka-Abram.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Akuva uAbram ukuba isizalwane sakhe sithinjiwe, wabiza onke amadoda akhe. Ayengamakhulu amathathu aneshumi elinesibhozo ewonke. Wazisukela zone ezo kumkani, wada waya kutsho kwaDan.

15Wawahlula angamaqela ngamaqela amadoda akhe, wawuhlasela loo mkhosi kwakuhlwa. Wawoyisa, wawusukela waya kufika eHobha entla kweDamasko.

16Wabuya nawo amaxhoba ababewahluthile. Wabuya naye noLothe nempahla yakhe, kunye nabafazi nezicaka.

UMelkizedeki uthamsanqelisa uAbram

17Ukubuya kwakhe uAbram ekulweni noKedor-lahomere namakholwane akhe, wahlangatyezwa ngukumkani waseSodom entilini yaseShawe, ekuthiwa yiNtili kaKumkani.

18UMelkizedeki owayengukumkani waseSalem ekwangumbingeleli woThixo uPhezukonke, weza nesonka newayini.

19Wathamsanqelisa uAbram esithi: “UThixo uPhezukonke, owênza izulu nomhlaba, wanga angakuthamsanqelisa, Abram!

20UThixo uPhezukonke okoyiseleyo iintshaba zakho, makadunyiswe.” Waza ke uAbram wakhupha izishumi zamaxhoba emfazwe, wanikela kuMelkizedeki.

21Wathi ukumkani waseSodom kuAbram: “Wathathe onke amaxhoba, undinike nje abantu bam.”

22Wathi uAbram: “Ndiyafunga, uThixo uyazi, uNdikhoyo uPhezukonke, umenzi wezulu nelizwe!

23Andiyi kuthatha nto yakho konke, nditsho nokuba ngumsonto lo okanye umtya wembadada. Ndifuna ungaze utsho ukuthi: ‘UAbram watyetyiswa ndim.’

© 1996 Bible Society of South Africa.

24Mna andiyi kuthatha nto konke, ngaphandle nje kokutya okutyiwe ngabantu bam. Kodwa wona amakholwane am, uAnere noEshkoli noMamre, mabayifumane bona eyabo inxaxheba.”

Eyeziqalo 15

Umnqophiso kaThixo noAbram

1Emva koku uAbram waba nombono apho weva uNdikhoyo esithi: “Uze ungoyiki, Abram, ndim oya kukukhusela; ikwandim oya kukubonelela kanobom.”

2Uphendule wathi uAbram: “Mhlekazi Ndikhoyo, iya kundinceda ntoni loo nto? Yintoni ongandibonelela kuyo ndingenabantwana nje? Nàlo uza kuba yindlalifa yam nguElizere waseDamasko.”

3Kwakhona uAbram uthe: “Akukho nzala undinike yona; ke sisicaka sam esiza kuba yindlalifa yam.”

4Uthe ke uNdikhoyo ebhekisa kuAbram: “UElizere akayi kuba yindlalifa yakho. Ngunyana wakho nqo oya kuba yindlalifa yakho.”

5UNdikhoyo wamkhuphela ngaphandle kwendlu uAbram, wathi: “Khangela esibhakabhakeni, uzibale iinkwenkwezi ezilapho, ukuba ungaba nako. Boba baninzi kangako abazukulwana bakho.”

6UAbram walibeka kuNdikhoyo ithemba lakhe, waza ngenxa yoko wenziwa ilungisa.

7Waqokela wathi kuye uNdikhoyo: “NdinguNdikhoyo owakukhupha kwilizwe lakowenu eUre yelamaKaledi, ukuze uze kuma kulo mhlaba, ube ngowakho.”

8Ke yena uAbram wabuza wathi: “Mhlekazi Ndikhoyo, ndingaqonda njani ukuba lo mhlaba woba ngowam?”

9Uthe uNdikhoyo: “Ndizisele ithokazi lenkomo, nemazi yebhokhwe, nenkunzi yegusha, zonke zibe minyaka mithathu, kunye nehobe nevukuthu.”

10Weza nazo uAbram ezo zinto, wazahlula kubini, waza wazidwelisa, icala ngalinye lamelana nelinye. Iintaka zona akazange azahlule kubini.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11Kwandanda amaxhalanga phezu kwaloo nyama yezo zinto, kodwa uAbram wawagxotha.

12Ukutshona kwelanga wehliwa bobunzulu ubuthongo uAbram. Wangenwa luvalo naluloyiko.

13UNdikhoyo wathi kuye: “Inzala yakho iya kuba ngabangeneleli kumhlaba wasemzini, uze uyazi loo nto. Apho baya kuba ngamakhoboka, baphathwe gadalala amakhulu amane eminyaka.

14Kodwa ndosohlwaya eso sizwe sibaphethe kakubi; baya kuthi xa bemkayo apho bahambe namaxhoba.

15Wena ke kambe uza kuhlala udle ubomi ude ukhokhobe, amathambo akho afihlwe ngakookhokho bakho.

16Inzala yakho yobuyela apha emva kwezizukulwana ezine. Kaloku andiyi kuwakhupha kwangoku ama-Amori, bude buzaliseke ubugwenxa bawo.”

17Kuthe kwakurhatyela, kwathi gqi imbiza iqhuma, nesikhuni esivuthayo, zadlula phakathi kwaloo mkrozo wenyama.

18Waza ke uNdikhoyo wathi kuAbram esenza umnqophiso: “Ndiyathembisa ukuba wonke lo mhlaba, ukususela kwimida yeJiputa kuye kuthi xhaxhe ngomlambo iEfrati, ndiza kuwunika inzala yakho,

19ndawonye nomhlaba wamaKeni, amaKinazi, amaKadimon,

20amaHeti, amaPerezi, namaRafa; ama-Amori, amaKanana, amaGirgashi, kunye namaJebhusi.”

Eyeziqalo 16

UAbram noSarayi noHagare

1Umka-Abram uSarayi wayengazali. Wayenesicakazana somJiputakazi esigama linguHagare.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Wathi ke uSarayi kuAbram: “Ndiyabona ukuba uNdikhoyo akandiphanga inzala. Ungangeni uHagare nje, isicakakazi sam? Mhlawumbi angandizalela unyana yena.” UAbram wavuma.

3USarayi ke wamnikezela uHagare abe ngumfazi omncinci ka-Abram. Le nto yehla selehleli ishumi leminyaka uAbram eKanana.

4UAbram wadibana noHagare, waza uHagare wakhulelwa. Uthe ke akuziqonda ukuba ukhulelwe, waqhosha wamdela uSarayi.

5USarayi ke uthe kuAbram: “Endidela nje uHagare lo, kungenxa yakho. Kanti ke wawumnikwe ndim lo, seleqhosha nje akuzibona ekhulelwe. Ngamana uNdikhoyo angahlula oyena unyanisileyo phakathi kwam nawe.”

6Uphendule wathi uAbram: “Kulungile kaloku, sisicakazana sakho; uphantsi kwakho uHagare. Yenza into oyibonayo kaloku.” USarayi ke wamphatha gadalala uHagare, wada wabaleka wemka.

7Isithunywa sikaNdikhoyo sadibana noHagare ngasemthonjeni osentlango ngasendleleni ebheka eShure.

8Sathi kuye: “Hagare, sicakazana sikaSarayi, uvela phi, usiya phi?” Waphendula wathi: “Ndibaleka uSarayi inkosikazi endikhonza yona.”

9Sithe ke kuye isithunywa: “Buyela kwakuye ke, umthobele.”

10Siphinde sathi: “Ndokunika abantwana abangenakubalwa mntu ngenxa yobuninzi babo.”

11Isithunywa sikaNdikhoyo saqokela sathi: “Ukhulelwe nje uza kuzala inkwenkwe. Uze uthi nguIshmayeli igama layo, kuba kaloku uNdikhoyo uyivile intlungu yakho.

12Kodwa yena unyana wakho uya kuziphatha okweqwarha; uya kuchasa wonke ubani, angafunwa ngumntu wonke naye. Uya kuhlala elikheswa phakathi kwabantu bakowabo.”

13UHagare wathi khumnqa, wathi ke ukumbiza loo Ndikhoyo ambonileyo nguThixo obonayo, kuba esithi: “Ngoku ndimbonile ondibonayo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

14Yiyo ke loo nto abantu bathi loo mthombo uphakathi kweKadeshe neBherede ngumthombo kaPhila-endibonile.

15-16UHagare wazala inkwenkwe, wathi ke uAbram igama layo nguIshmayeli. Wayemashumi asibhozo anesithandathu ubudala uAbram ukuzala kwakhe unyana.

Eyeziqalo 17

Ulwaluko, umqondiso womnqophiso

1Akuba mashumi asithoba anethoba ubudala uAbram, wabonakala kuye uNdikhoyo, wathi: “Mna ndinguThixo uSomandla. Uze undithobele, uhlale ungasoleki.

2Ndowugcina umnqophiso wam, ndikunike inzala eninzi.”

3Wakhahlela uAbram, ubuso baya kuthi ngqu phantsi; waza uThixo waqhuba wathi:

4“Ndikunika lo mnqophiso; ndithi uya kuba ngukhokho wezizwe ezininzi.

5Akusayi kuthiwa Abram kuwe; uya kuba nguAbraham, kuba uza kuba ngukhokho wezizwe ngezizwe.

6Ndiza kukupha inzala eninzi; abanye kuyo boba ziikumkani; kuya kuvela izizwe kuwe.

7“Andiyi kuwujika umnqophiso wam endiwenze nawe kunye nenzala yakho; uya kuhlala uhleli. Ndoba nguThixo wakho nenzala yakho.

8Lo mhlaba ungumfiki kuwo, ndiza kukunika wona uwume kunye nenzala yakho. Wonke umhlaba waseKanana uya kumiwa yinzala yakho ngalo lonke ixesha, mna ndibe nguThixo wabo.”

9Waqokela wathi uThixo kuAbraham: “Nawe ke, kwakunye nenzala yakho ngokunjalo, ze niwugcine umnqophiso wam nakwizizukulwana ezizayo.

10Nantsi into emaniyenze nina ukuwugcina kwenu umnqopiso wam: Wena kufuneka waluke, kwaluke lonke iduna phakathi kwabantu bakho.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11-12Ukususela ngoku wonke umntwana oyinkwenkwe kufuneka aluke
eneentsuku ezisibhozo ubudala; nditsho nkqu nezicaka ezizalelwe phantsi
kwakho kwanezo zingeneleleyo. Lowo ke uya kuba ngumqondiso
womnqophiso phakathi kwakho nam.

13Makwaluke wonke umntu, oyinzalelwane kwanothengiweyo, ube
ngumqondiso obonakalayo lowo wokuba umnqophiso wam nawe awusoze
uphele.

14Nawuphi na umntu oliduna ongalukanga uya kuhlanjwa ngamawabo, kuba
kaloku uwutyeshele umnqophiso wam."

15Uqhube wathi uThixo kuAbraham: "Uze ungabuye uthi Sarayikumkakho,
yithi Sara.

16Ndiza kumthamsanqelisa, ndimenze akuzalele unyana. Ndiza kumsikelela
abe ngunina wezizwe ngezizwe. Uya kuzala neekumkani."

17Waqubuda uAbraham, waya kuthi ngqu ngobuso phantsi. Wasuka waphela
yintsini akucinga ukuba umntu onekhulu leminyaka angazala umntwana.
Yena uSara enamashumi alithoba nje, angamfumana umntwana?

18Wathi uAbraham kuThixo: "Kutheni ungaseluyeka nje ibe nguIshmayeli
indlalifa yam?"

19Uthe uThixo: "Hayi, uSara umkakho uza kuzala inkwenkwe. Uzuthi
nguIsake igama layo. Umnqophiso wam ndowugcina kuye nakwinzala yakhe
ngalo lonke ixesha, ingumnqophiso ongayi kujika nanini na.

20Ndikuvile ucelela uIshmayeli, naye ndiza kumthamsanqelisa abe
nabantwana abaninzi nesizukulwana esikhulu. Uya kuba nguyise weenkosi
ezilishumi elinambini. Inzala yakhe iya kuba sisizwe esikhulu.

21Kodwa wona umnqophiso wam ndiya kuwugcinela unyana wakho uIsake,
oya kuzalwa nguSara malunga neli xesha kunyaka ozayo."

22Akuba etshilo kuAbraham uThixo wemka.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

23Kwangaloo mini uAbraham wamthobela uThixo, wamalusa uIshmayeli nawo onke amanye amaduna emzini wakhe. Walusa izicaka ezazalelwa kwakhe, kwanezo zazithengiwe.

24Ukwaluka kwakhe uAbraham wayemashumi alithoba anethoba ubudala.

25Ukwaluka kwakhe uIshmayeli unyana ka-Abraham wayeneshumi elinesithathu leminyaka ubudala.

26Bobabini baluka ngamini-nye,

27kwakunye nezicaka zika-Abraham zonke.

Eyeziqalo 18

UAbraham uthenjiswa unyana

1 UNdikhoyo wabonakala kuAbraham ngakwimithi kaMamre. UAbraham wayehleli ngasemnyango wentente emini emaqanda.

2Nako kusithi thu amadoda amathathu. Uthe ke ukuwabona kwakhe wakhawuleza ukuwahlangabeza, wafika waqubuda ekhahlela.

3“Bahlekazi,” utshilo kuwo, “noko sanukudlula emzini wam ningakhanga nikhe nithule imithwalo. Kaloku ndikholo nina apha.

4Ndinganiphathela amanzi, nikhe nihlambe iinyawo, lo gama nisaphumle phantsi kwalo mthi.

5Ndiza kuniphathela nento etyiwayo, ukuze nifumane amandla endleleni. Nakuthi ke nandule ukuhamba loo ndlela yenu inidlulise ekhaya apha.” Athe ke wona amadoda: “Ngxatsho ke, ungénjenjalo.”

6UAbraham wakhawuleza ukungena ententeni, wafika wathi kuSara: “Khawuthathe izitya ezithathu zomgubo wengqolowa, uxove wenze amaqebengwana, ukhawulezise.”

7Watsho ekhawulezile uAbraham ukuya ezinkomeni, wafika wakhetha elona lityebileyo ithole, wathi malixhelwe ngokukhawuleza.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Wathatha amasi anengqaka nenyama leyo, wabeka phambi kwaloo madoda,
azenzela apho phantsi kwaloo mthi, emi apho yena ngakuwo.

9Ambuza athi: “Uphi na umkakho uSara?” Wathi: “Usendlwini.”

10Lwathi olunye undwendwe: “Malunga neli xesha kunyaka ozayo ndobe
ndibuye. USara umkakho woba enomntwana oyinkwenkwe.” USara wabavela
emi emva kwabo ngasemnyango.

11Bobabini, uAbraham noSara, babesebaluphele kakhulu, uSara selegqithile
kwixabiso lokuzala.

12Wahleka yedwa ke uSara, wathi: “Sendigqithile kwixabiso lokuzala, kanti
nomyeni wam selaluphele.”

13Uthe uNdikhoyo kuAbraham: “Uhleka ntoni uSara, ade athi:
‘Ndingamfumana njani umntwana sendaluphele nje?’

14Niba kukho into enokuxaka uNdikhoyo? Bendithe ngeli xesha kunyaka
ozayo ndobe ndibuye; uSara woba enomntwana oyinkwenkwe.”

15USara wakhanyela, kuba wayesoyika, wathi: “Andikhange ndihleke.” Wathi
yena: “Hayi, uhlekile.”

UAbraham ucelela iSodom

16La madoda anduluka, ayivelela iSodom. UAbraham wayehamba nawo
ewakhapha.

17Uthe uNdikhoyo: “Mandingayifihli kuAbraham into endifuna ukuyenza.

18Inzala yakhe yoba sisizwe esikhulu, yaye ndozithamsanqelisa ngaye zonke
izizwe.

19Ndimtyumbele ukuze aqeqeshele abantwana bakhe kunye nabazukulwana
bakhe ekundithobeleni nasebulungiseni. Xa besenjenjalo ndozizalisekisa
izithembiso zam kuAbraham.”

20Uqhube wathi kuAbraham uNdikhoyo: “Iyakhalazelwa iSodom neGomora
ngenxa yobubi besono sayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

21Ngako oko ndiza kukhe ndihle ndiye kuzibonela ukuba kunjalo na.
Ndobona ngoko ukuba akunjalo.”

22Emka ke loo madoda, abheka ngaseSodom. Wasala noNdikhoyo yena
uAbraham.

23Uthe uAbraham kuNdikhoyo: “Ngaba ngenene, Mhlekazi, uza
kutshabalalisa amalungisa ndawonye nezibhoja?

24Ukuba kukho amashumi amahlanu amalungisa, ngaba ungasibhangisa eso
sixeko? Akungesisindisi ngenxa yamashumi amahlanu lawo?

25Hayi kaloku, akunakuyenza into enjalo ukutshabalalisa abangenatyala
ndawonye nabagwenxa, ube njalo wohlwaya amalungisa ngesohlwayo esinye
naboni. Ngunongekhe lowo. UMgwebi welizwe liphela akamele kugweba
ngobulungisa na?”

26Uthe uNdikhoyo: “Ukuba kungakho amashumi amahlanu abantu
abamsulwa eSodom, ndingasisindisa eso sixeko sonke ngenxa yabo.”

27Uthe kwakhona uAbraham: “Ndinyamezele, Mhlekazi, ndiyintw' engento,
andifanele nakuthetha oku nawe.

28Ukuba ngaba kukho amashumi amane anantlanu endaweni yamashumi
amahlanu, ungátshabalalisa isixeko sonke ngenxa yokuba bengaphantsi nje
ngesihlanu abantu abamsulwa?” Uthe uNdikhoyo: “Nokuba ngamashumi
mane anantlanu abantu abamsulwa, ndosisindisa isixeko.”

29Ubuye wathi uAbraham: “Ukuba ngamashumi mane nje kuphela?” Uthe
uNdikhoyo: “Sosinda nokuba kunjalo.”

30Wathi ke uAbraham: “Mhlekazi, ungakhathazeki, ndisafuna ukuqonda.
Kuya kuthini ke xa bengamashumi amathathu?” “Nokuba ngamashumi
amathathu, sosinda,” utshilo uNdikhoyo.

31“Ndinyamezele, Mhlekazi,” utshilo uAbraham. “Ukuba bangamashumi
mabini kuphela, kothini?” “Nokuba bangamashumi mabini, ndosisindisa
isixeko,” utshilo uNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

32Wathi uAbraham: “Mhlekazi, selundinyamezela oku kokugqibela! Kuya kuthini ukuba lishumi linye kuphela abantu abamsulwa abalapho?” “Nokuba lishumi nje qha, andiyi kusitshabalalisa isixeko,” utshilo uNdikhoyo.

33Wemka ke uNdikhoyo akugqiba ukuthetha noAbraham, naye uAbraham wagoduka.

Eyeziqalo 19

Ukungcola kweSodom

1Ukufika kwezithunywa ezibini eSodom ngorhatya lwaloo mini, uLothe wayehleli ngasemasangweni edolophu. Uthe khwasululu ukuwabona kwakhe, wawahlangabeza. Ufike waqubuda ekhangele phantsi ekhahlela, wathi:

2“Zinkosi zam, khanikhe niye kwam, nihlambe oku kweenyawo, nilalise khona. Ningavuka ke ngentsasa, nithabathise uhambo lwenu.” Zithe zona izithunywa ukuphendula: “Hayi noko wena, siza kuhlala phaya ebaleni kude kuse.”

3Wazithundeza, ezicenga-cenga uLothe, zada zoyisakala, zaya naye kwakhe. Wazilungiselela ukutya, wenza namaqebengwana ngentlama engenagwele. Kuthe ke kwakulunga ukutya zatya.

4Ngaphambi kokuba ziye kulala, kwafika amadoda nabafana baseSodom, bevela kumacala ngamacala, bayingqonga indlu kaLothe.

5Bakhwaza bebuza kuLothe ukuba aye phi na laa madoda ayeze kulala kwakhe ngobo busuku. Batsho besithi makawakhuphe, kuba babefuna ukulala nawo.

6Waphuma endlwini uLothe, waluvala ucango ukuphuma kwakhe.

7Ufike wathi kuloo madoda: “He, zinkosi, sanukuyenza into enje ukuba mbi.

8Ndineentombi zimbini apha, ziseziintombi nto; kubhetele ndininike zona, nizenze ukuthanda kwenu endaweni yale nto nifuna ukuyenza. La madoda ziindwendwe zam; aphantsi kokhuselo lwam.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Kodwa loo madoda athi: “Suka endleleni, mfikindini! Ungubani wena? Ucinga ukuba singagwetywa nguwe? Singajikela wena thina, kube kubi nangaphezu kwawo.” Atsho emsunduza uLothe, etyhala ezama ukuluqhekeza ucango.

10Kodwa la madoda ayengaphakathi amtsalela endlwini uLothe, aluvala ucango,

11awabetha ngobumfama onke loo madoda ayengaphandle, atsho akalubona ucango apho lukhoyo.

Ukumka kukaLothe eSodom

12Athe kuLothe la madoda mabini: “Ngaba kusekho mntu wumbi na apha – nokuba ngoonyana, nokuba ziintombi zakho, nabayeni beentombi, nasiphi na isizalwana sakho? Yitsho bemke apha.

13Kaloku le dolophu siza kuyitshabalalisa. Isikhalo esivakele ngayo sibi kangangokuba sithunywe nguNdikhoyo ukuba size kuyibhubhisa iSodom.”

14ULothe ke waya kuxelela amasoka eentombi zakhe ukuba makumkiwe eSodom, kuba uNdikhoyo wayeza kuyibhubhisa. Kodwa wona aba uyaqhula nje.

15Ngentseni izithunywa zamxhesha uLothe, zathi: “Gxabha-gxabhisa, ndoda, umke apha neentombi zakho kunye nomkakho. Kungenjalo uya kutshabalala xa kusohlwaywa le dolophu.”

16Unge angazila-zila, suka zambamba ngesandla, zamkhuphela ngaphandle kwedolophu kunye nomkakhe neentombi zakhe. Kaloku uNdikhoyo wamenzela inceba uLothe.

17Bakuba bengaphandle kwedolophu, esinye isithunywa sathi: “Balekani ukuze nisinde. Ze ningakhangeli ngasemva, ningemi nokuma phaya entilini. Balekelani phaya endulini, kungenjalo nani nakutshabalala.”

18“Hayini noko, nkosi,” utshilo uLothe, “sanukundenjenjalo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Sele undincedile kakade ngokundisindisa; noko kukude kakhulu phaya endulini. Le ntlekele isenokundifumana, ndife singekafiki nalapho.

20Uyayibona laa dolophana? Ikufuphi noko yona. Yidolophana nje engenkulu. Mna ndithi ngesele ndisiya khona ukuze ndikhuseleke.”

21Sithe isithunywa: “Kulungile ke. Andiyi kuba sayitshabalalisa loo dolophana uthetha ngayo.

22Kodwa ke khawuleza ukuya apho, kuba akukho nto ndinokuyenza de ube ulapho.” Yiyo ke loo dolophu kuthiwa yiZoware.

Ukubhujiswa kweSodom neGomora

23Laliseliphumile ilanga ukufika kukaLothe eZoware.

24 UNdikhoyo wathobela isalfa evuthayo phezu kweSodom neGomora,

25wazibhubhisa kunye naloo ntili yonke, kunye nabo bonke abantu ababelapho, nento yonke ehlumayo.

26Umka-Lothe wajonga ngasemva, suka wajika waba yintsika yetyuwa.

27UAbraham wavuka kwakusasa, waya kulaa ndawo wayemi noNdikhoyo kuyo.

28Wakhangela ezantsi eSodom naseGomora nakuloo ntili, wabona kukho ukuqhuma okungathi ngumsi ophuma eziko.

29Kodwa uThixo wasikhumbula isicelo sika-Abraham ukubhubhisa kwakhe loo ntili, wamsindisa uLothe.

Umnombo wamaMowabhi nama-Amon

30ULothe woyika ukuhlala eZoware. Uthe ngenxa yoko wenyukela ezintabeni kunye neentombi zakhe, wahlala emqolombeni.

31Yathi intombi enkulu kudade wayo: “Ubawo uyaluphala, yaye akukho madoda apha kule ndawo angasitshatayo sizale.

32Yiza simseze anxile, khon' ukuze simambathe, sifumane abantwana bakhe.”

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

33Ngobo busuku bamntyintya ngewayini, yaza ke intombi enkulu yamambatha. ULothe wayenxile kangangokuba akazange akuqonde okwaqhubekayo.

34Ngosuku olulandelayo yathi intombi enkulu kwencinci: “Bendikunye naye phezolo. Masiphinde nanamhlanje ngokuhlwa, ukuze nawe ulale naye. Sobabini ke soba nabantwana bakabawo osizalayo.”

35Baphinda ke bamntyintya nangobo busuku, yamambatha nencinci intombi. Wayenxile engayazi into eqhubekayo.

36Yaba njalo ke into yokumitha kweentombi zikaLothe, zimithiswe nguyise.

37Intombi enkulu yazala inkwenkwe, eyathi igama layo nguMowabhi. Nguye lo ungukhokho wamaMowabhi.

38Intombi encinci yazala inkwenkwe nayo, yathi igama layo nguBhenami. Yena ngukhokho wama-Amon.

Eyeziqalo 20

UAbraham noAbhimeleki

1UAbraham wafuduka kwelo lizwe, wajonga emazantsi eKanana, apho wafika wamisa khona phakathi kweKadeshe neShure. Waya kutsho naseGerare,

2wafika wathi apho uSara ngudade wabo. Ukumkani walapho, uAbhimeleki, wathi uSara makasiwe komkhulu.

3Kodwa uThixo wavela kuAbhimeleki ephupheni, wathi: “Abhimeleki, usisisulu sokufa, ngenxa yokuba lo mfazi umthathileyo ngumka-mtu.”

4UAbhimeleki ke wayengekamambathi uSara, waza wathi: “Mhlekazi, ungathini ukutshabalalisa isizwe esingenatyala?

5Andibi kanene yilaa ndoda ngokwayo ethe kum ngudade wayo lo, waza naye wathi ingumnakwabo? Le nto ndiyenze ndingenasazela, yaye andonanga bani.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

6Uphendule uThixo kwasephupheni apho: “Ewe, ndiyazi ukuba le nto uyenze
ungenabubi konke. Yaye ikwandim lo okuncedileyo ukuba ungandoni; yiyo
loo nto ndingakuvumelanga ukumambatha.

7Kodwa ke mbuyisele kumyeni wakhe ngoku lo mfazi. Ngumshumayeli laa
mfo; uya kunithandazela nisinde. Kodwa ukuba akumbuyiseli umkakhe,
ngenene uya kuba lilifa lokufa kunye nabantu bakho bonke.”

8Wavuka kwangentseni uAbhimeleki, wazibiza zonke izicaka zakomkhulu,
waza wazilawulela iphupha lakhe. Othuka kakhulu loo madoda.

9UAbhimeleki ubize uAbraham, wathi kuye: “Yintoni le nto usenza yona?
Ndakwenza ntoni le nto undizisela ishwangusha elingaka kunye nabantu
bam? Wenze into engenziwayo ke kambe.

10Bekutheni ukuze wenze into enje?”

11Uthe uAbraham: “Ndibe akukho mntu umoyikayo kweli lizwe uThixo,
ndaba ke ndingábulawa apha ngenxa yomkam.

12Únguye udade wethu ngenene. Singabantwana bendoda enye, nakuba
sahlukile ngoomama. Ngumkam noko kunjalo.

13Uthe akundindulula kwilizwe loobawo uThixo, ndathi kumkam uya
kubonakala ukuba uyandithanda ngokuthi ebantwini ungudade wethu.”

14UAbhimeleki wambuyisela kuAbraham uSara, wabuya wamnqoma
ngeegusha neenkomo, wamnika nezicaka.

15Wathi kuAbraham: “Ngumhlaba wam lo; ungema apho uthanda khona.”

16Ubuye wathi kuSara: “Umntakwenu ndiza kumnika iwaka leesiliva, ukuze
wonke ubani azi ukuba akunatyala.”

17-18Ngenxa yale nto yehlela uSara, uThixo wabavala bonke abafazi
bakomkhulu, ababi nanzala. UAbraham ke wathandazela uAbhimeleki
kuThixo, waza wamphilisa uThixo. Kwaphila nomkakhe kunye nezicakazana
zakhe, bonke bakhululeka.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Eyeziqalo 21

Ukuvela kukaIsake

1 UNdikhoyo wamenzela isisa uSara ngokuthi asizalisekise isithembiso sakhe.

2USara wakhulelwa, waza wazala umntwana oyinkwenkwe, sele aluphele uAbraham. Wamzala kanye ngelaa xesha wayelixelile uThixo.

3Wamthiya igama loo mntwana uAbraham, wathi nguIsake.

4Uthe ke akuba ntsuku zisibhozo ezelwe, wamalusa uAbraham ngokomyalelo kaThixo.

5UAbraham wayeselenekhulu leminyaka ukuzalwa kukaIsake.

6Wada wathi uSara: “UThixo undenze ndakwazi ukuhleka, yaye wonke ubani oyivayo le nto wohleka kunye nam.”

7Uqokele wathi: “Ibingubani kakade obenokuthi kuAbraham ndiza kuba ngumdlezana owanyisayo? Naku ke kodwa ndizele umntwana wakhe, eyinkothovu yexhego enjalo!”

8Lwakhula usana lwada lwalunyulwa. Wenza elikhulu lona itheko uAbraham ukulunyulwa kwaloo mntwana.

Ukugxothwa kukaHagare noIshmayeli

9Ngaminazana ithile uSara wabona umntakaHagare umJiputakazi, lowa uHagare wamfumana kuAbraham, edlala ngoIsake.

10Waya kuthi kuAbraham: “Wethu, sikhuphele ngaphandle esi sicakazana kunye nomntwana waso. Andiyi kuyivumela yona into yokuba lo mntwana wesi sicakazana sahlulelane ngelifa kunye noIsake umntwana wam!”

11Le nto yamkhathaza gqitha uAbraham, kuba noIshmayeli lowo wayengumntwana wakhe.

12Wavakala esithi uThixo kuye: “Hayi, sukuzikhathaza ngenxa yalo mntwana nesicakazana sakho. Yenza loo nto ithethwa nguSara wena, kuba kaloku abazukulwana bakho boba yinzala kaIsake.

© 1996 Bible Society of South Africa.

13Ewe, nonyana wesicakazana lo uya kuzala isizwe esikhulu, kuba kaloku naye ngumntwana wakho ncam.”

14Kwakusasa ngengomso uAbraham wavuka wathatha ukutya kunye nentsuba ezele ngamanzi, wazinika uHagare, wamthwalisa, wathi makahambe nomntwana wakhe. Wemka ke uHagare, wahamba ebhadula kuloo ntlango iyiBheshebha.

15Akuphela amanzi awayewaphethe, wamqhusheka etyholweni umntwana,

16wemka wathi qelele, wahlala phantsi. Watsho esithi: “Andinakuyinyamezela into yokubona umntwana wam esifa.” Uthe ehleli apho zehla iinyembezi.

17UThixo wamva ekhala umntwana, kwavakala ilizwi lesithunywa livela ezulwini, lisithi kuHagare: “Ukhathazwa yintoni, Hagare? Sukoyika. UThixo umvile umntwana wakho kulaa ndawo umbeke kuyo.

18Hamb' uye kumthatha umthuthuzele. Úya kuba ngunozala wesizwe esikhulu.”

19UThixo wawavula amehlo kaHagare, nako kubonakala umthombo. Waya kuzalisa loo ntsuba, waseza nomntwana wakhe.

20-21UThixo wamgcina loo mntwana, wakhula ehlala kuloo ntlango yaseParan. Waba yincutshe yomzingeli. Unina wamthathela intombi engumJiputakazi.

Imvumelwano ka-Abraham noAbhimeleki

22Ngelo xesha kwafika uAbhimeleki ehamba noPikoli umphathi-mkhosi, wathi kuAbraham: “Yonke into oyenzayo inesandla sikaThixo kuyo, Abraham.

23Ngoko ke khawufunge ngoku apha phambi koThixo ukuba akusokuze undixokise mna nabantwana bam kunye nabazukulwana bam. Mna ndinyanisekile kuwe, nawe ke ndithembise ukuba uya kunyaniseka kum nakubemi beli lizwe uhlala kulo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

24UAbraham wathi ukuphendula: “Ndiyathembisa.”

25UAbraham wavakalisa kwanesikhalazo awayenaso kuAbhimeleki, esiphathelele nomthombo owahluthwa zizicaka zika-Abhimeleki.

26Wathi uAbhimeleki: “Bendingazi ukuba ukho owenze loo nto; nawe ngokwakho akuzange wandixelela nokundixelela. Ndiyaqala namhlanje ukuyiva into enjalo.”

27UAbraham ke wakhupha iinkomo neegusha, wazinika uAbhimeleki, baza benza imvumelwano.

28UAbraham wakhetha amatakane asixhenxe kuloo mhlambi,

29waza uAbhimeleki wathi kuAbraham: “Ngawantoni la matakane asixhenxe uwakhethileyo?”

30Wathi uAbraham: “Wathathe la matakane asixhenxe. Ngokwenjenjalo ungqina ukuba lo mthombo wembiwa ndim.”

31Yaba ke loo ndawo kuthiwa yiBheshebha ukubizwa kwayo, kuba kaloku kulapho loo madoda avumelana khona efunga.

32Emva koko uAbhimeleki noPikoli babuyela kwakwelamaFilistiya.

33UAbraham watyala umthi apho eBheshebha. Apho ke wamnqula uNdikhoyo uThixo uSonini-nanini.

34Wahlala kwelo lizwe lamaFilistiya ixesha elide.

Eyeziqalo 22

UThixo uvavanya uAbraham

1Ekuhambeni kwexesha uThixo wamvavanya uAbraham. Wambiza wathi: “Abraham!” Wasabela uAbraham wathi: “Ndim lo, Mhlekazi!”

2Uthe uThixo: “Thatha unyana wakho uIsake, lo kanye usenyongweni kuwe, uye naye eMoriya. Uya kufika apho ke, kuloo nduli ndiza kukubonisa yona, umnikele khona abe lidini elitshiswayo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Kwakusasa ngengomso uAbraham wavuka, wabopha idonki yakhe, wabiza izicaka zazibini kunye noIsake, bacanda iinkuni zokubasa umlilo wedini, banduluka baya kuloo ndawo bekuthiwe ze baye kuyo nguThixo.

4Ngosuku lwesithathu wayibona isekude loo ndawo uAbraham.

5Wathi kuloo madoda wayehamba nawo: “Salani apha nina nale donki, mna nale nkwenkwe siza kuya phaya. Sakuthi sakugqiba ukunqula, sibuye.”

6UAbraham wamthwalisa emagxeni uIsake ezo nkuni, yena waphatha amalahle nemela. Benjenjeya bobabini.

7Endleleni uthe uIsake kuyise: “Tata!” UAbraham wathi: “Thetha, nyana!” UIsake wathi: “Nanku umlilo, nanzi neenkuni; liphi ke lona ixhwane ledini?”

8-9Uthe ukuphendula uAbraham: “Iya kubonwa nguThixo loo nto, mfo wam.” Batsho bahamba besiya kuloo ndawo yayalathwe nguThixo. Bakufika apho, uAbraham wenza iqonga lamadini, wabeka iinkuni ezo phezu kwalo, wambopha uIsake unyana wakhe, wambeka phezu kwezo nkuni.

10Uthathe imela ukuze ambulale unyana wakhe.

11Suka kwavakala isithunywa sikaNdikhoyo simemeza sisezulwini sisithi: “Abraham! Abraham!” Yena ke uthe: “Ndim lo!” Sathi isithunywa kuye:

12“Uze ungayenzakalisi loo nkwenkwe, ungayithi cha nakancinci! Ngoku ndiyazi ukuba uThixo uyamoyika; kaloku akwalanga nonyana wakho oyintandane ekuphela kwakhe.”

13UAbraham wabheka-bheka, wabona inkunzi yegusha ibambeke ngeempondo etyholweni. Waya kuyirhola, wenza ngayo idini endaweni yonyana wakhe.

14UAbraham wathi loo ndawo yiYawe-yire.Unangoku kusathiwa xa kuthethwayo: “UNdikhoyo uyabonelela endulini yakhe.”

15Siphindile savakala sithetha ezulwini isithunywa, sisithi kuAbraham:

© 1996 Bible Society of South Africa.

16“Uthi uNdikhoyo: ‘Mna ngokwam ndiyafunga; ndithi ngenxa yale nto
uyenzileyo, akwala ukuncama intandane ekuphela kwayo,
17ndiza kukuthamsanqelisa kanobom, ndikuphe inzala eninzi, ibe
ngangeenkwenkwezi ezisesibhaka-bhakeni nentlabathi eselunxwemeni
lolwandle ubuninzi bayo. Abazukulwana bakho boyithimba imihlaba
yeentshaba zabo.
18Zonke izizwe emhlabeni zothamsanqeliswa ngenzala yakho. Iyonke loo nto
kungenxa yokundithobela kwakho.’ ”
19UAbraham wabuyela kwizicaka zakhe, bonke baphindela eBheshebha apho
waba ngummi khona.

Inzala kaNahore

20Emva kwexesha uAbraham weva ukuba uMilika uzalele uNahore umninawa
wakhe abantwana abasibhozo.
21Yayingu-Uzi izibulo, yaba nguBhuzi, kweza uKamweli uyise ka-Aram.
22Kulandele uRhesedi, noHazo, noPildashe, noJidelafu, kunye noBhetuweli.
23UBhetuweli wazala intombi uRabheka. Aba bantwana basibhozo bazalwa
nguMilika umka-Nahore umninawa ka-Abraham.
24Iqadi likaNahore, uRewuma, lazala uTebha, noGaham, noTahashe, kunye
noMahaka.

Eyeziqalo 23

Ukubhubha kukaSara

1USara uhleli wade wanekhulu elinamashumi amabini anesixhenxe ubudala.
2Ubhubhele eKiriyati-arbha, ekuthiwa yiHebron, kwelaseKanana. Waba
buhlungu uAbraham, wamzilela umkakhe.
3UAbraham wesuka apho wafela khona umkakhe, waya kumaHeti. Ufike
wathi kubemi balapho:

© 1996 Bible Society of South Africa.

4“Ndingumfiki nomhambi apha; ndinikeni indawo apho ndingamngcwabela
khona umkam.”

5Athe ukuphendula uAbraham amaHeti:

6“Phulaphula, mhlekazi, kuthi uyinkosi. Siyakukhululela; ungamngcwaba
umfikazi kweyona ndawo uyithandayo.”

7Waphakama uAbraham, wakhahlela kumaHeti,

8wathi: “Ukuba niyavuma ndimngcwabe apha umfikazi, ndiceleleni kuEfron
unyana kaZoware

9ukuba andithengisele laa mqolomba useMakapela; nankuya emdeni
womhlaba wakhe. Ze nithi makandinike ngexabiso lawo, ukuze ndiwuthenge,
ndingcwabe kuwo.”

10UEfron wayehleli namanye amaHeti enkundleni yembizo yedolophu kuthe
nqwadalala. Wenjenje ukuphendula, eviwa ngumntu wonke owayelapho:

11“Hayi, mhlekazi, mandithi ndiyakunika laa mhlaba ndawonye naloo
mqolomba ulapho. Loo nto ndiyithetha apha phambi kwamawethu, la athe
thande apha; ndithi ndiyakunika laa mhlaba wakuthi; ungamngcwaba khona
umfikazi.”

12UAbraham wakhahlela kubantu balapho.

13Waza wathi kuEfron, eviwa ngumntu wonke: “Ndiyakucela, ndiphe indlebe!
Ndiza kukunika ixabiso lemali yalaa mhlaba. Yithathe le mali, ukuze nam
ndixole, ndingcwabe khona umfikazi.”

14Uthe uEfron:

15“Mhlekazi, laa mhlaba ziisiliva ezimakhulu mane kuphela; asinto loo nto
kuwe nakum. Hamba uye kumngcwaba umkakho.”

16UAbraham wavuma, waza wayibala loo mali yayifunwa nguEfron apho
phambi kwabantu. Yaba ngamakhulu amane eesiliva ngokomlinganiselo
wabarhwebi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17-18Wawufumana ngolo hlobo ke uAbraham umhlaba kaEfron owawuseMakapela ngasempumalanga yeMamre. Yayiyintsimi, umqolomba, kunye nemithi eyayikho. Yangqinwa loo nto ngawo onke amaHeti awayekuloo mbizo.

19UAbraham wamngcwaba ke umkakhe uSara kuloo mqolomba eMakapela ngaseMamre eseHebron kwelaseKanana.

20Loo mhlaba ke owawungowamaHeti kunye naloo mqolomba waba ngoka-Abraham, wangcwabela kuwo.

Eyeziqalo 24

UIsake ufunelwa umfazi

1Wayeseleyinkothovu yexhego uAbraham ngeli xesha, waye uNdikhoyo emthamsanqelisa kuyo yonke into ayenzayo.

2Ngenye imini wathi kwisicaka sakhe esithembekileyo esasiyinduna emzini wakhe: “Khawufunge!

3Ndifuna ufunge phambi kukaNdikhoyo uThixo wezulu nomhlaba ukuba akusayi kumfunela umfazi unyana wam apha kwezi ntombi zaseKanana.

4Kufuneka uye kwilizwe lakowethu, apho ikhoyo inkaba yam. Kulapho uya kumfunela khona umfazi uIsake, phakathi kwezizalwane zam.”

5Sibuzile sathi isicaka sika-Abraham: “Ukuba loo ntombi ayivumi ukulishiya ikhaya layo ize apha kweli lizwe, ze ndithini? Ze ndimse apho kwelo zwe unyana wakho uIsake?”

6Uthe uAbraham: “Uze ungakhe umse apho unyana wam.

7NguNdikhoyo uThixo wezulu nomhlaba ngokwakhe owandisusa kwilizwe lakowethu, naphakathi kwezizalwane zam, wandithembisa efunga ukuba lo mhlaba uya kumiwa ngabazukulwana bam. Nguye oya kuthumela isithunywa sakhe apho, ungekafiki wena. Ke wofika apho uyifumane intombi eyoba ngumfazi wonyana wam.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Ukuba ke loo ntombi ayifuni kuza kweli lizwe, woba ke ukhululekile wena kwesi sifungo. Kodwa nokuba sekutheni, uzungakhe ulinge ukumsa kwelo zwe unyana wam.”

9Sasenza ke isifungo saso isicaka, sithembisa ukwenza loo nto asiyalela yona uAbraham.

10Induna ka-Abraham yahamba neshumi leenkamela, yaphatha neendidi ngeendidi zezipho. Yanduluka ukuya kwisixeko esasiseAram-narayimapho wayemi khona uNahore.

11Yafika ukutshona kwelanga apho, ngexesha kanye iintombi ziya kukha amanzi. Iinkamela yaziphumza ngakumthombo owawusekungeneni kwesixeko eso.

12Wathandaza loo mfo wathi: “Ndikhoyo, Thixo wenkosi yam uAbraham, khawundincede namhlanje usikhumbule isithembiso owasenza kuAbraham.

13Naku ndilapha ngakulo mthombo, apho iintombi zalapha zikha khona amanzi.

14Maze kuthi ke xa ndithi kuzo mazindikhelele amanzi ndisele, ithi leyo ithe yandipha yaza yathi iza kupha neenkamela zam zisele, ndiqonde ngaloo nto ke ukuba yile uyikhethele ukuba yendele kuIsake isicaka sakho. Ndokwazi kananjalo ukuba usigcinile isithembiso owasenza enkosini yam uAbraham.”

15Uthe engekaphezi nokuthandaza kwafika uRabheka emthonjeni, ethwele ingqayi yamanzi. Yena ke yintombi kaBhetuweli unyana kaNahore umninawa ka-Abraham. Unina kaBhetuweli nguMilika.

16Wayeyinzwakazi, eseyintombi nto engayaziyo indoda. Wehla waya emthonjeni, wayizalisa ingqayi, wabuya.

17Loo mfo wakhawuleza ukumhlangabeza, wathi: “Khawundiphe amanzi ndisele kuloo ngqayi yakho.”

18Wathi uRabheka: “Ungasela, mhlekazi.” Watsho eyithoba ingqayi, wambambela lo gama aselayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

19Akugqiba ukusela loo mfo, uthe uRabheka: “Ndiza kuzikhelela neenkamela zakho, zisele zanele.”

20Wawagalela loo manzi ayesengqayini kwindawo yokuselela iinkamela, waquqa esiya kukha amanye, zada zasela zanela.

21Lo mfo wayebukele ethe cwaka, ecinga ukuba ngaba lwaluphumelele na uhambo lwakhe.

22Zakugqiba ukusela iinkamela loo mfo wakhupha ijikazi legolide, waliqhoboshela empumlweni kaRabheka, wamfaka nezacholo zegolide ezingalweni.

23Wabuza wathi: “Uyintombi kabani? Phofu singayifumana indawo yokulala kowenu, sikhe siphumle ngokuhlwanje?”

24“Ndiyintombi kaBhetuweli, ozalwa nguNahore noMilika,” yatsho ukuphendula.

25“Kukho iindiza nehabile eninzi ekhaya, ikwakho nendawo yokulala.”

26Loo ndoda yaguqa yathandaza yathi:

27“Makabongwe uNdikhoyo, uThixo ka-Abraham inkosi yam, othe wanyaniseka ekugcineni isithembiso sakhe. NguNdikhoyo ondikhokelele ngqo emzini wezizalwana zenkosi yam.”

28Loo ntombi yabaleka ukuya kowayo, yafika yabalisa.

29URabheka wayenomnakwabo ekuthiwa nguLabhan. Yena wasukela ukuya emthonjeni apho kwakukho isicaka sika-Abraham.

30ULabhan wayelibonile ijikazi nezacholo zodade wabo, eyivile nento eyathethwa nguloo mfo kuye. Ufike wathi kweso sicaka sika-Abraham sasimi ngasemthonjeni neenkamela zaso:

31“Mhlekazi, wena uNdikhoyo ukuthamsanqelisile; yiza siye ekhaya; mus' ukum' apha. Kukho indawo ekhaya, nditsho neyokugcina iinkamela zakho.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

32Yahamba naye ke loo ndoda, yaya kowabo, uLabhan wazithula imithwalo iinkamela, wazipha nokutya. Weza namanzi, aza loo madoda ahlamba iinyawo.

33Kweziswa nokutya, sathi isicaka sika-Abraham: “Andikazi kutya ndide ndiluthethe udaba endihambele lona.” Uthe uLabhan: “Thetha sive.”

34“Mna ndisisicaka sika-Abraham,” utshilo lo mfo.

35“UNdikhoyo wamthamsanqelisa uAbraham, wamenza isityebi. Uneenkomo, neegusha, neebhokhwe, kunye nemali yesiliva negolide. Unazo nezicaka ezingamadoda nezibhinqileyo, ukwanazo neenkamela needonki.

36USara inkosikazi yenkosi yam wazala unyana sele aluphele. Nguloo nyana indlalifa ka-Abraham.

37Inkosi yam uAbraham yathi mandifunge ukuba andiyi kumthathela umfazi unyana wakhe phakathi kweentombi zaseKanana apho akhoyo.

38Wathi kufuneka ndiye kowabo, ndimthathele umfazi unyana wakhe phakathi kwezizalwane zakhe.

39Ndathi ke mna kuye: ‘Ukuba loo ntombi ayifuni kumka kowayo, ze ndithini?’

40Wathi yena uNdikhoyo amkhonzayo wothumela isithunywa sakhe phambi kwam, khon' ukuze uphumelele umcimbi endiwuhambelayo. Mna kufuneka ndithathe umfazi kowabo, phakathi kwezizalwana zakhe.

41Wathi ukuba ndiyenzile loo nto, zaza izizalwana zakhe azavuma ukundinika intombi yazo, ndoba ke mna ndikhululekile esifungweni sam.

42“Ndithe ke ndakufika kulaa mthombo namhlanje, ndamcela uNdikhoyo uThixo wenkosi yam uAbraham ukuba ze lo mcimbi ndiwuhambeleyo uphumelele.

43Ndathi: ‘Ndim lo, ndimi apha ngakulo mthombo. Ze kuthi ke xa kukho ntombi ifikayo apha, ndithi ndakucela amanzi

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

44indiphe, ivume ukuseza neenkamela zam, ndiya kuqonda ngaloo nto ke
ukuba yile uyikhethele unyana wenkosi yam.’

45Ndithe ndingekaphezi noko kuthandaza wee gqi uRabheka ethwele ingqayi,
wehla waya kukha amanzi emthonjeni. Ndicelile ukuba andiphe amanzi
ndisele.

46Kwangoko uyithule ingqayi abeyithwele, wathi mandisele, watsho esithi
neenkamela zam uza kuzithuthela amanzi zisele. Ndisele ke, neenkamela zam
zasela.

47Ndibuze ukuba uyintombi kabani na. Wathi yena uyintombi kaBhetuweli
ozalwa nguNahore noMilika. Ndimfake elaa jikazi ahombe ngalo, ndamnxiba
nezacholo ezingalweni.

48Ndiguqile, ndinqula ndibulela uNdikhoyo uThixo ka-Abraham inkosi yam,
lo undizise ngqo apha kwintombi engumzukulwana womtakwabo wenkosi
yam engendela kunyana wayo.

49Yitshoni ke ngoku ukuba nizimisele ukuyenzela le mbeko inkosi yam,
ninyaniseke kuyo; naxa kungenjalo ndixeleleni, khon' ukuze ndibone cebo
limbi.”

50Bathe ukuphendula ooLabhan noBhetuweli: “Asingethi: ‘Hayi,’ okanye:
‘Ewe;’ kuba sijongile nje ngathi le nto ayiyodwa, inomnwe kaNdikhoyo kuyo.

51Nanku uRabheka, ukho; mthathe uhambe naye, aye kwendela kunyana
wenkosi yakho, njengoko ebonile uNdikhoyo.”

52Yakuyiva loo nto induna ka-Abraham yaguqa yathandaza ibonga
uNdikhoyo.

53Ikhuphe izambatho ezihle, nezacholo zegolide nezesiliva, yazinika
uRabheka. Iphe nomnakwabo kunye nonina izipho zexabiso.

54Emva koko loo nduna ka-Abraham yaya kutya naloo madoda yayihamba
nawo. Balala apho ngobo busuku. Bathe bakuvuka ngengomso, yathi induna
ka-Abraham: “Siza kucela indlela sigoduke namhlanje.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

55Umnakwabo-Rabheka nonina bathe: “Ubungeyishiyi na intombi okweentsukwana nokuba zilishumi, ize ibuye ilandele?”

56Ithe induna: “Hayi, sanukundibambezela; uNdikhoyo ewuqabelisile nje umcimbi ebendiwuhambele, yini ngoku? Ndiyekeni ndibuyele ekhaya kwinkosi yam.”

57Bathe ke makhe kubizwe uRabheka, khe kuviwe kuye.

58Ubiziwe ke, wabuzwa ukuba uyahamba na kunye nalo mfo. Uphendule ngelithi: “Ewe, ndiyahamba.”

59Bamkhulula ke uRabheka ukuba ahambe naloo nduna ka-Abraham kunye naloo madoda yayihamba nawo. Waphelekwa sisicakakazi sakowabo awayekhulela phantsi kwaso.

60Bamndulula ngentsikelelo, besithi: “Hamba ke, ntombi! Unga ungazala waphule uluthi, ube nenyambalala yabantwana. Banga bangazoyis' iintshaba zabo, baziphange nemihlaba yazo.”

61URabheka kunye nabafazana ababemkhapha bazilungiselela ukukhwela iinkamela, baza banduluka kunye nesicaka sika-Abraham.

62UIsake wayeselefudukile waya kutsho ngakumthombo kaPhila-endibonile, selemi emazantsi eKanana.

63Ngamhla uthile ngorhatya uIsake wayehamba-hamba endle, wabona kusithi gqi iinkamela, zisiza ngakuye.

64URabheka akubona uIsake wehla enkameleni yakhe,

65wabuza kwinduna ka-Abraham wathi: “Ngubani lowa ucanda emasimini esihlangabeza?” Ithe ukuphendula: “Yinkosi yam leya.” Kwangoko uRabheka uthathe iqhiya yakhe, wazigquma ubuso.

66Yambalisela konke induna uIsake.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

67UIsake umngenise uRabheka kulaa ntente yayiyekanina uSara, wamenza umkakhe. UIsake wayemthanda kakhulu uRabheka, kangangokuba savaleka nesikroba esabangwa kukusweleka kukanina uSara.

Eyeziqalo 25

Inzala ka-Abraham noKetura
(1 Gan 1:32-33)

1UAbraham wathatha omnye umfazi ogama linguKetura.

2UKetura wazala uZimran noYokeshan, uMedan noMidiyan, uIshbhaki noShuwa.

3UYokeshan wazala uShebha noDedan. Ama-Ashuri la yinzala kaDedan, kunye namaLetushi namaLewumi.

4Oonyana bakaMidiyan nguHefa noEfere, noHanoki, uAbhida noElda. Ngabazukulwana bakaKetura bebonke ke abo.

5UAbraham walishiya kuIsake lonke ilifa lakhe.

6Kodwa ke ngaphambi kokuba abhubhe wabaphawulela noonyana bezindlu ezincinci. Emva koko wabandulula baya kuma kwimihlaba engasempumalanga.

Ukubhubha kuka-Abraham

7-8Ubhubhe seleyinkothovu yexhego elinekhulu linamashumi asixhenxe anesihlanu uAbraham.

9Wangcwatyelwa kulaa mqolomba useMakapela ngoonyana bakhe uIsake noIshmayeli. Wawungasempumalanga yeMamre entsimini awayeyifumene kuEfron unyana kaZoware umHeti.

10Yilaa ntsimi uAbraham wayeyithenge kumaHeti. Wangcwatyelwa apho ke kuloo ndawo wayengcwatywe kuyo uSara umkakhe.

11Akubhubha uAbraham, uThixo wamthamsanqelisa uIsake unyana wakhe owayemi ngasemthonjeni kaPhila-endibonile.

Inzala kaIshmayeli
(1 Gan 1:28-31)

© 1996 Bible Society of South Africa.

12-13Naba oonyana bakaIshmayeli unyana ka-Abraham owazalwa nguHagare umJiputakazi owayesisicakakazi sikaSara. Badweliswe ngokuvela kwabo. NguNebhayoti, noKedare, noAdebhele; uMibhesam,

14uMishma, noDuma, noMasa;

15uHadadi, noTema; uJeture, noNafishe, noKedama.

16Ngoonyana bakaIshmayeli ke abo, izizwana ezilishumi linambini. Iilali zabo nezikhululo zabo zathiywa ngamagama abo.

17UIshmayeli wabhubha enekhulu linamashumi mathathu anesixhenxe ubudala.

18Isizukulwana sakhe saya kuma kulaa mhlaba uphakathi kweHavila neShure, ngasempumalanga yeJiputa xa ujonge eAsiriya. Babemi bethe geqe kwabanye abazukulwana baka-Abraham.

Ukuzalwa kukaEsawu noYakobi

19Nanga amagqabantshintshi ngoIsake unyana ka-Abraham.

20UIsake wayeselemashumi mane eminyaka ubudala ukuthatha kwakhe uRabheka, intombi kaBhetuweli, umAram wasePadan-aram, ekwangudade boLabhan.

21URabheka wayengazali; uIsake wamthandazela kuNdikhoyo. Weviwa umthandazo wakhe nguNdikhoyo, wathatha uRabheka.

22Wayekhulelwe amawele, ekwathi engekaveli avukelana esesesizalweni sikanina. Wathi uRabheka: “Sisimanga sini esi sindihlelayo?” Wabhenela kuNdikhoyo ukuba amkhanyisele. Wathi kuye uNdikhoyo:

23“Uthwele izizwe ezibini; uya kuzala iintlanga ezahlukeneyo, olunye longamele olunye, omkhulu abe phantsi komncinci. ”

24Lakufika ixesha lakhe lokukhululeka, wazala amawele.

25Iwele elikhulu lalibomvana linga lambeswe ngengubo yoboya, kwathiwa ke nguEsawu igama lalo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

26Elincinci lavela libambelele nkqi esithendeni sikaEsawu, kwathiwa ke lona nguYakobi. Ukuzalwa kwala mawele uIsake wayeselemashumi mathandathu ubudala.

UEsawu uthengisa amalungelo obuzibulo bakhe

27Akukhula la makhwenkwe, uEsawu waba lizingela lomfo othanda ukusoloko esendle. UYakobi yena wathanda ukusoloko esekhaya, ephila ubomi obuzinzileyo.

28UIsake wayethanda uEsawu, kuba wayemana emzisela inyama yeenyamakazi. URabheka yena wayethanda uYakobi.

29Ngamini ithile uYakobi esapheka, wafika uEsawu evela kuzingela. Wayefile yindlala.

30Wathi kuYakobi: “Mfo, andilambe ngako! Khawundiphe kuloo nto ibomvu uyiphekileyo.” Yiyo loo nto uEsawu ekwabizwa ngokuthi nguEdom.

31Uphendule wathi uYakobi: “Kulungile, ukuba nje unganikezela ngamalungelo akho obuzibulo.”

32Uthe uEsawu: “Mfondini, ndiyafa! Buza kundenzela ntoni obu buzibulo uthetha ngabo?”

33Uthe uYakobi: “Funga kuqala ukuba uza kundinika ubuzibulo.” Wafunga ke uEsawu, enikezela ngobuzibulo bakhe kuYakobi.

34Wandula ke uYakobi ukumpha isonka nesophu leyo yeentlumayo. Watya, wasela; wasukuma, wemka. Kwakukangako ke ukungawaxabisi kwakhe uEsawu amalungelo akhe obuzibulo.

Eyeziqalo 26

UIsake ufudukela eGerare

1Kwafika indlala kwelo zwe, ngaphandle kwaleya yakhe yabakho ngexesha lika-Abraham. UIsake ke waya kuAbhimeleki, ukumkani wamaFilistiya, owayemi eGerare.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2 UNdikhoyo wavela ephupheni kuIsake esithi: “Uze ungayi eJiputa; yima
kumhlaba endithi hlala kuwo.

3Uze uhlale apha; ndoba nawe, ndikuthamsanqelise. Lo wona umhlaba uza
kuwuma nenzala yakho. Isifungo endasenza kuyihlo ndiza kusifezekisa.

4Inzala yakho iza kuba ngangeenkwenkwezi ezisesibhaka-bhakeni, ndiyinike
wonke lo mhlaba. Zonke iintlanga ziya kuthamsanqeliswa ngenzala yakho.

5Ndiza kukuthamsanqelisa, kuba uyihlo uAbraham wandithobela, wahamba
ngokwemithetho nemiyalelo yam.”

6Wema apho eGerare ke uIsake.

7Wayesithi akubuzwa ngomkakhe ngamadoda alapho, athi ngudade
wabo. Wayesoyika ukuthi uRabheka ngumkakhe, hleze ambulale athathe
uRabheka, kuba wayemhle kakhulu.

8Wayeselenethuba elide elapho uIsake. Ngamhla uthile uAbhimeleki wabona
uIsake ngefestile esanga uRabheka.

9UAbhimeleki wambiza uIsake, wathi: “Ingumkakho nje lo, kutheni le nto
uhamba usithi ngudade wenu?” Uthe uIsake: “Ndoyika ukubulawa ngenxa
yakhe.”

10Uthe uAbhimeleki: “Imbi le nto uyenzileyo. Enye indoda ibisenokulala
nomkakho, loo nto ke isifake etyaleni.”

11Wabayala ke bonke abantu uAbhimeleki ukuba bangabakhathazi ooIsake
nomkakhe, esithi owenjenjalo wobulawa.

12UIsake walima amasimi akhe ngaloo nyaka, isivuno sakhe saba sikhulu
ngokuphinda-phindeneyo, kuba kaloku uNdikhoyo wayemthamsanqelisa.

13Waya ehluma wada wasisinhanha somfo.

14AmaFilistiya ammonela ngenxa yemihlambi awayenayo yeegusha
neenkomo, nezicaka ezininzi.

15Asuka ayidiba yonke imithombo eyembiwa zizicaka zikayise uAbraham.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16UAbhimeleki weza kuIsake, wathi makemke kwilizwe labo, kuba wayebaluleke ngaphezu kwabo.

17Wemka ke uIsake, waya kumisa umzi wakhe kuloo ntlambo yaseGerare. Wakha wathi vu apho okwexeshana.

18Wabuya wayimba imithombo eyayimbiwe nguyise, kwaleya ayidibayo amaFilistiya akuba efile uAbraham. Wayibiza kwangalaa magama yayibizwa ngawo nguyise.

19Izicaka zikaIsake zemba kuloo ntlambo, zafumana iliso lomthombo.

20Abelusi baseGerare baxambulisana nabakaIsake, bebanga loo mthombo, besithi ngowabo. UIsake wawuthiya igama loo mthombo esithi yiMbambano, kuba kwabakho imbambano ngawo.

21Wemba omnye umthombo uIsake, kwaza kwaxanjuliswana nangawo. Wathi igama lalowo buButshaba.

22Wemka apho, wemba omnye umthombo kwenye indawo ephangaleleyo. Akubangakho mbambano ngalowo, uthe ke ukuwubiza nguPhangalele. Wathi: “Ngoku uNdikhoyo usinike indawo ephangaleleyo. Siza kuba nenkqubela apha.”

23Wanduluka nalapho uIsake, wasinga eBheshebha.

24UNdikhoyo wavela kuye emathongweni ngobo busuku, wathi: “Mna ndinguThixo kayihlo uAbraham. Uzungoyiki, kuba ndinawe. Ndiza kukuthamsanqela, ndikuphe inzala eninzi, kuba ndandimthembisile uyihlo, uAbraham isicaka sam.”

25Wenza iqonga lamadini kuloo ndawo uIsake, wanqula uNdikhoyo khona. Wemisa umzi apho, wemba omnye umthombo.

Imvumelwano kaIsake noAbhimeleki

26UAbhimeleki weza evela eGerare, ehamba kunye noAwuzati, iphakathi lakhe, kunye noPikoli, umphathi-mkhosi, behambele uIsake.

© 1996 Bible Society of South Africa.

27Wabuza ke uIsake wathi: “Ngaba nindihambele ngantoni ngoku, nakuba benindiphethe kakubi ndada ndalishiya ilizwe lenu?”

28Bathe: “Siyaqonda ngoku ukuba uNdikhoyo unawe. Saye ke sicinga ukuba kufuneka kukho isibhambathiso esisenzayo nawe. Sifuna ufunge

29ukuba akuyi kusenza nto, njengoko nathi singekhe sikwenze nto imbi. Kucacile kuthi ngoku ukuba wena uyathamsanqeliswa nguNdikhoyo.”

30UIsake wabenzela isidlo, kwatyiwa, kwaselwa.

31Ngengomso bavuka kwakusasa, bazenza izifungo zemvumelwano, banduluka, bahlukana bevana.

32Ngaloo mhla izicaka zikaIsake zeza kumxelela ngomthombo ezawufumanayo, zawemba.

33Wathi igama laloo mthombo yiShebha.Lavela apho ke igama lesixeko ekuthiwa yiBheshebha.

UEsawu uthatha iintombi zasemzini

34Akuba mashumi mane ubudala uEsawu, wathatha iintombi zamaHeti zambini. YayinguJuditi intombi kaBheri, noBhasemati intombi kaElon.

35Aba bafazi babahlalisa kabuhlungu ooIsake noRabheka.

Eyeziqalo 27

UYakobi unikwa iintsikelelo nguIsake

1Akwaluphala uIsake, namehlo akhe selenorhatyazo, ubize unyana wakhe omkhulu, wathi kuye: “Nyana wam!” Uthe ke yena: “Ndim lo, tata.”

2Uthe uIsake: “Ndiyabona ukuba sendaluphele ngoku, ndaye ndingazi nokuba ndingafa nini na.

3Thatha utolo lwakho, uye kuzingela, undiphathele inyama yenyamakazi.

4Ndifuna undiphekele ukutya okunencasa, okona ndikuthandayo; undizisele nditye, ze ndikusikelele ndingekafi.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

5URabheka wayephulaphule wonke lo gama uIsake athetha noEsawu. Uthe akuya kuzingela uEsawu,

6waya kuYakobi uRabheka, wathi: “Ndive uyihlo esithi uEsawu

7makamphathele inyama yenyamakazi, amphekele ukutya okunencasa, atye, khon' ukuze amsikelele ngoku engekafi.

8Ke, mfo wam, uze wenze le nto ndiza kukuxelela yona.

9Yiya phaya kulaa mhlambi, uze namatakane amabini atyebileyo eebhokhwe. Ndiza kuphekela uyihlo ukutya akuthanda kakhulu.

10Kuya kusiwa nguwe kuyihlo, ukuze akusikelele engekafi.”

11Kodwa uYakobi yena uthe kunina: “Usazi nje ukuba uEsawu lixhonti, ndibe mna ndimpuluswa!

12Ukuba ubawo undivile ngesandla, waqonda ukuba ndiyamkhohlisa, ayiyi kundizisela isiqalekiso loo nto endaweni yeentsikelelo?”

13Uthe unina: “Siya kuba phezu kwam eso siqalekiso, mfo wam. Yenza le nto ndithi yenze wena; yiza nalaa matakane.”

14Waya kuwathatha ke uYakobi, wawasa kunina, wapheka okona kutya kunencasa kuthandwa nguIsake.

15URabheka wakhupha ezona zintle iimpahla zikaEsawu awayezigcinile, wazinxiba uYakobi.

16Wamgquma izandla ngofele lwebhokhwe, wamthandela nasentanyeni.

17Wamnika oko kutya kunencasa kunye nesonka awayesibhakile.

18UYakobi wafika kuyise, wathi: “Tata!” Usabele wathi uyise: “Thetha; ungubani, mfo wam?”

19Uthe uYakobi: “NdinguEsawu, unyana omkhulu. Ndiyenzile into obundithume yona. Nantsi inyama. Vuka utye, uze undisikelele.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

20Uthe uIsake: “Wakhawuleza kangaka ukufumana inyamakazi? Wenze njani,
mfo wam?” Uphendule wathi uYakobi: “Ndincedwe nguNdikhoyo uThixo
wakho, wayizisa ngqo kum.”

21Uthe ke uIsake kuYakobi: “Khawusondele ke, mfo wam, ndikuve ngesandla
ukuba unguye na unyana wam uEsawu.”

22UYakobi ke wasondela kuyise owamphampathayo ngezandla esithi: “Ilizwi
lona lelikaYakobi, kodwa izandla zezikaEsawu.”

23Akazange amqonde uYakobi, kuba kaloku izandla zazixhonti
njengezikaEsawu. Uthe seleza kumsikelela,

24wabuya wabuza wathi: “Ngaba ngenene ungunyana wam uEsawu?”
Waphendula uYakobi esithi: “Ndinguye.”

25Uthe ke uIsake: “Zis' apha ke inyama leyo ndikhe nditye, mfo wam.
Ndakuthi ke ndakugqiba ukutya, ndikusikelele.” Wamnika ke uYakobi,
wamphathela newayini yokuthoba.

26Uthe ke uyise: “Khawusondele kaloku undange, mfo wam.”

27Esasondela ukuya kumanga uIsake, waliva ivumba leempahla ezazinxitywe
nguYakobi, watyibela ngentsikelelo esithi: “Ngxatsho ke ivumba lonyana
wam! Linjengevumba lomhlaba ogalelwe iintsikelelelo nguNdikhoyo.

28Wanga ke uThixo angakugalela ngombethe, nomhlaba wakho uchume ube
linqatha, uvelise nentabalala yengqolowa newayini.

29Unga ungabuswa zizizwe, neentlanga zikhahlele kuwe. Yiba yinkosi
kubantakwenu, ukhonzwe nangabantwana bakanyoko. Mabaqalekiswe abo
bakuqalekisayo, basikelelwe abo bakusikelelayo.”

UEsawu uzicelela eyakhe intsikelelo

30UIsake wayesandul' ukusikelela uYakobi, naye esandul' ukusuka kuyise,
wagaleleka uEsawu, evela kuzingela.

31Wapheka ukutya okumnandi, naye wakusa kuyise, wathi: “Vuka, tata, utye.
Nantsi inyama endikuphathele yona. Uze undisikelele.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

32“Ungubani wena?” watsho uIsake. “Ndingunyana wakho omkhulu, uEsawu,” utshilo.

33Wothuka wagubha uIsake. Ubuze wathi: “Ngubani ke lo ubeye kuzingela wandiphathela inyama, ndayitya? Ndisandul' ukugqiba ukuyitya ngaphambi kokuba ungene. Ndiziphelelisele kuye iintsikelelo, kunjalonje ziya kuhlala zizezakhe.”

34Akuyiva loo nto uEsawu, wakhala kabuhlungu, wathi: “Ndisikelele nam, tata!”

35Wathi uIsake: “Umninawa wakho undikhohlisile, wemka nazo iintsikelelo zakho.”

36Uthe uEsawu: “Sekukokwesibini eyenza le nto yokundidla izithende. Yiyo le nto negama lakhe linguYakobi. Kokwesibini ngoku endikhohlisa. Wathatha ilungelo lam lobuzibulo. Ngoku uthatha iintsikelelo zam. Tata, akundigcinelanga ntsikelelo konke na?”

37Uthe ke uIsake: “Sendimenze inkosi yakho, nezizalwane zakhe zaba zizicaka zakhe. Ndithe uya kuphila ngengqolowa newayini. Yintoni ke ngoko enokuba isasalele wena, mfo wam?”

38Uthe uEsawu: “Tata, kuphela kwentsikelelo obunayo leyo? Akusekho yimbi? Tata, nam ndisikelele!” Watsho ekhala uEsawu.

39Wahlabeka uyise, wenjenje: “Wena uya kuba kude lee nenqatha lokuchuma komhlaba; uya kuba kude lee kumbethe ovuza ezulwini.

40Uya kuphila ngekrele uphantsi komninawa wakho; kambe ke liya kufika ithuba apho uya kudinwa khona, uyaphule loo dyokhwe yakhe isentanyeni yakho.”

UYakobi ubalekela kwaLabhan

41UEsawu wamzonda uYakobi ngenxa yeentsikelelo awazifumana kuyise. Wadumzela wathi: “Iya kuze ifike yona imini yokuba angabikho utata; ndakuze ndimbulale uYakobi lo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

42Akuyixelelwa into ethethwe nguEsawu, uRabheka wabiza uYakobi, wathi kuye: “UEsawu ufuna ukukubulala.

43Ke, nyana wam, uze wenze le nto ndiza kukuxelela yona. Zimela, ubalekele kumnakwethu uLabhan eHaran.

44Uze uhlale khona ude udambe umsindo womkhuluwa wakho,

45ayilibale nento omenze yona. Ndothumela ukuba uphuthunywe. Andinakuyithwala into yokulahlekelwa nini nobabini noyihlo ngaxesha-nye.”

46Uthe uRabheka kuIsake: “Ndidiniwe mna ngoku ngaba bafazi bakaEsawu. Ukuba uYakobi angathatha intombi yomHeti, ayenze umfazi, ndingakhetha ukufa kube kanye.”

Eyeziqalo 28

1UIsake wabiza uYakobi, wamsikelela, wathi kuye: “Uze ungathathi nanye kwezi ntombi zaseKanana.

2Hamba uye kulonyoko ePadan-aram,kwaBhetuweli, uzithathele umfazi apho phakathi kweentombi zikanyokolume uLabhan.

3Wanga uThixo uSomandla angakusikelela, akunike inzala, yande, ibe zizizwe ezininzi.

4Wanga uThixo angawagqithisela kuwe nakwinzala yakho amathamsanqa ka-Abraham,niwume loo mhlaba uThixo wayemise kuwo uAbraham kuqala.”

5Wenjenjalo ke uIsake ukundulula uYakobi, emthumela ePadan-aram kuLabhan unyana kaBhetuweli umAram. Lo Labhan ngumnakwabo-Rabheka unina kaYakobi noEsawu.

UEsawu uthatha omnye umfazi

6UEsawu weva ukuba uYakobi usikelelwe wathunyelwa ePadan-aram, ukuba aye kufuna umfazi. Weva nokuba xa wayesikelelwa wayalelwa ukuba angaze athathe umfazi eKanana.

7Weva nokuba uYakobi wamthobela uyise nonina, waya ePadan-aram.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Waqonda ke uEsawu ukuba uyise wayengazithandi iintombi zaseKanana.

9Waya kwaIshmayeli ke, unyana ka-Abraham, wathatha intombi yakhe uMahalati, udade boNebhayoti.

Iphupha likaYakobi eBhetele

10Wenjenjeya ukusuka eBheshebha uYakobi, esinga eHaran.

11Wafika ndaweni ithile, walalisa apho, kuba laliselitshonile ilanga. Uthathe ilitye, waqamela ngalo, walala.

12Waphupha ngathi ubona ileli esuka emhlabeni, yaya kuthi xhaxhe ngesibhakabhaka. Izithunywa zikaThixo zazisihla zinyuka ngayo.

13Wabona uNdikhoyo emi ngakuye esithi: “NdinguNdikhoyo, uThixo kayihlo-mkhulu uAbraham noyihlo uIsake. Lo mhlaba ulele kuwo uya kumiwa nguwe nayinzala yakho.

14Inzala yakho iya kuba ngangentlabathi ubuninzi bayo. Yaye iya kuxanda, inabe kumacala onke. Zonke izizwe ziya kuthamsanqeliswa ngenxa yakho nenzala yakho.

15Ndiza kusoloko ndinawe, ndikukhusele naphi na apho uya khona, ndibuye ndikubuyisele kwakule ndawo. Andiyi kukushiya ndide ndizenze zonke izinto endizithembisileyo.”

16Akuphaphama uYakobi, wathi: “Ngenene uNdikhoyo ukho kule ndawo; ndibe bendingayazi loo nto.”

17Wangenwa luvalo kwaoko, wathi: “Hayi ukoyikeka kwayo le ndawo! Yindlu kaThixo le! Lisango lezulu eli!”

18Wavuka kwangentseni uYakobi. Wathatha elo litye wayeqamele ngalo, wenza ngalo isikhumbuzo; waligalela amafutha.

19Wathi loo ndawo yiBhetele. Kodwa ke isixeko salapho kwakusithiwa yiLuzi.

20UYakobi ke yena wenza esi sifungo: “Ukuba uThixo undigcinile wandilondoloza kolu hambo, andiphe ukutya nezambatho

© 1996 Bible Society of South Africa.

21ndide ndibuyele ekhaya, ngenene ndiya kumkhonza uNdikhoyo, abe nguThixo wam.

22Eli litye lesikhumbuzo ndilimise apha liya kuba yindawo yokunqulela uThixo. Ndiya kumahlulela isishumi kwizinto andipha zona.”

Eyeziqalo 29

Ukufika kukaYakobi kwaLabhan

1Wenjenjeya uYakobi kuhambo lwakhe, wada waya kufika kwilizwe leentlanga zasempumalanga.

2Wafika kumthombo owawusendle, kukho imihlambi emithathu yeegusha, zithe ncwaba zingqengqe kufuphi nawo. Le mihlambi yayikhelelwa amanzi kuloo mthombo uliso ligqunywe ngelitye.

3Yayisithi yakuthontelana apho imihlambi, abelusi baliqengqe elo litye, bayikhelele amanzi, babuye balibuyisele elo litye, livale umthombo lowo.

4Wafika wababuza abelusi uYakobi, wathi: “Bafondini, nisuka phi?” Bathe: “Sivela eHaran.”

5Uthe: “Niyamazi uLabhan, umzukulwana kaNahore apho?” “Siyamazi,” batshilo ukuphendula.

6“Usaphila kodwa?” “Ewe, usaphila. Nantso selisiza intombi yakhe uRakeli kunye nomhlambi wakhe.”

7Uthe uYakobi: “Ingekabi loxesha lakuphethula imihlambi emadlelweni nje eli, kutheni ningazisezi nje ezi gusha, niziyeke zitye?”

8Baphendula bathi: “Asinakuyenza loo nto ingekapheleli imihlambi. Kufuneka yonke ibekho, ukuze siwuvule umthombo, siyiseze.”

9URakeli wafika nowakhe umhlambi esathetha nâbo belusi uYakobi.

10UYakobi akubona uRakeli eqhuba imihlambi kaninalume uLabhan, waya kuliqengqa ilitye, wazipha amanzi iigusha.

11Wandula wamanga uRakeli, elila luvuyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

12Wathi kuRakeli: “Ndiyazalana noyihlo; ndizalwa nguRabheka kaloku.”
Wabaleka waya kuxelela uyise uRakeli;

13wathi noyise akuziva ezi ndaba zingomtshana wakhe uYakobi, waya
kumhlangabeza wamgona, wamanga, wamngenisa endlwini. Uthe uLabhan
akubaliselwa nguYakobi izinto ezenzekileyo,

14wayingqina into yokuba bayazalana. Wahlala apho inyanga yonke uYakobi.

UYakobi usebenzela ukulobola uRakeli

15Wathi uLabhan kuYakobi: “Akunako ukusebenza nje simahla apha kum
ngenxa yokuba sizalana. Ufuna ndikunike malini?”

16ULabhan wayeneentombi ezimbini, inguLeya igama lenkulu, encinci
inguRakeli.

17ULeya wayetsho ngamehlo angathi anengcume; uRakeli yena eyinzwakazi
kanobomi.

18UYakobi wayencwase uRakeli, waza wathi kuLabhan: “Ndokusebenzela
iminyaka esixhenxe ukuba unokundivumela ndizeke intombi yakho encinci
uRakeli.”

19ULabhan uthe: “Ndikhetha ukumendisela kuwe kunokuba aye kwendela
komnye umntu.” Watsho esithi makaselehlala apho kwakhe uYakobi.

20UYakobi waphangela isixhenxe sonke seminyaka, esebenzela ukufumana
uRakeli. Lonke elo xesha laba ngathi ziintsuku nje ezimbalwa kuye, kuba
wayemthanda uRakeli.

21“Lifikile ixesha; ndikhululele umkam,” watsho uYakobi kuLabhan.

22ULabhan wenza isidlo somtshato, wamema bonke abantu balapho.

23Ngobo busuku uLabhan wasa uLeya kuYakobi endaweni kaRakeli, uYakobi
walala naye.

24ULabhan wakhupha uZilipha isicakakazi, wayimpelesi kaLeya.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

25UYakobi akazange aqonde ukuba nguLeya lo wayelele naye, kude kwakusasa. Uye kuLabhan uYakobi, wafika wathi: “Yintoni le undenze yona? Bendisebenzela ukufumana uRakeli nje, undiqhathele ntoni?”

26Uthe uLabhan: “Asilosiko lethu ukwendisa intombi encinci, ingekendi endala.

27Linda ke khe kudlule le veki yomtshato, ndikwendisele uRakeli ke xa uya kuphinda usebenze iminyaka esixhenxe.”

28Wavuma ke uYakobi, yathi yakudlula loo veki yomtshato uLabhan wamendisela kuYakobi noRakeli.

29ULabhan wakhupha isicakakazi uBhiliya waba yimpelesi kaRakeli.

30Wamambatha uRakeli uYakobi, wamthanda nangaphezu koLeya. Wasebenza eminye iminyaka esixhenxe.

Abantwana bakaYakobi

31Akubona uNdikhoyo ukuba uLeya akathandwa, wampha inzala, wamvala yena uRakeli.

32Wakhawula uLeya, wazala umntwana oyinkwenkwe, wathi nguRubhen igama lakhe, kuba wayesithi: “UNdikhoyo ulubonile usizi lwam; ngoku ndiza kuthandwa ngumyeni wam.”

33Waphinda wazala omnye umntwana oyinkwenkwe, wathi yena nguSimon, esithi: “UNdikhoyo undiphe lo mntwana ngenxa yokuba evile ukuba andithandwa.”

34Uphinde wazala enye inkwenkwe, wathi le nguLevi, kuba wayesithi: “Ndiya kudityaniswa nendoda yam ngakumbi kuba ndizele amakhwenkwe amathathu.”

35Uphinde ngenye inkwenkwe kwakhona, wathi yona nguJuda, kuba wayesithi: “Ndiyambonga uNdikhoyo kwesi sihlandlo.” Emva koko wapheza ukuzala.

Eyeziqalo 30

© 1996 Bible Society of South Africa.

1URakeli wayengekazali mntwana wonke lo gama. Waba nobukhwele
ngodade wabo, wavakala esithi kuYakobi: “Ndiphe abantwana; kungenjalo
ndisuke ndife kunale nto.”

2Wacaphuka uYakobi, wathi ukuphendula: “NdinguThixo kakade mna?
Uvalwe ndim, ungazali nje?”

3Uthe uRakeli: “Nanku uBhiliya impelesi yam; ungamngeni nje, andizalele
umntwana, nowam umzi wande?”

4Wayikhulula ke impelesi yakhe, wayinika umyeni wakhe, wayambatha.

5Wakhulelwa uBhiliya, wazala umntwana oyinkwenkwe.

6Wathi uRakeli: “UThixo undigwebele; usivile isicelo sam, wandipha
unyana.” Wathi ke igama laloo mntwana nguDan.

7Waphinda wakhawulwa uBhiliya, wazala enye inkwenkwe kwakhona.

8Wathi uRakeli: “Ndizamene gqitha nodade wethu, kodwa ngoku
ndimoyisile.” Wathi ke igama laloo nkwenkwe nguNafetali.

9Uthe ke uLeya akuziqonda ukuba akasazali, wanika uYakobi impelesi yakhe
uZilipha ukuba ibe liqadi lakhe.

10Wazala inkwenkwe uZilipha.

11Wathi uLeya: “Ndisikelelekile.” Wathi ke igama layo nguGadi.

12UZilipha wazala enye inkwenkwe.

13Wathi uLeya: “Andisavuyi ngako! Nabanye abafazi baza kuthi ndiyavuya.”
Kwathiwa ke loo nkwenkwe nguAshere.

14Xa kwakuvunwa ingqolowa, uRubhen wafumana imithuma yentando
emasimini, wayisa kuLeya unina. URakeli wathi kuLeya: “Khawundiphe
emithumeni leyo ifunyenwe ngumntwanakho.” ULeya wathi:

15“Yho! Hleli nje, kanti akwanelanga kukuhlutha indoda yam! Ngoku selufun'
ukundihlutha nemithuma le yomntwanam!” Wathi uRakeli: “Kanti ungalala
naye ngokuhlwanje uYakobi, ukuba uyandipha.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

16Ukufika kukaYakobi, evela emasimini ngokuhlwa, uLeya wamkhawulela, wafika wathi: “Uza kulala nam ngokuhlwanje, kuba ndikuthenge ngemithuma yomntwanam.” Walala noLeya ke ngoko kuhlwa uYakobi.

17UThixo wayiva imithandazo kaLeya, wakhawula, waphinda wazala enye yesihlanu inkwenkwe.

18Wathi: “UThixo uyandibuyisela kuba impelesi yam ndiyinikele kumyeni wam.” Wathi ke loo nkwenkwe nguIsakare.

19Wakhulelwa, waphinda wazala enye inkwenkwe uLeya, eyesithandathu ngoku.

20Wathi: “UThixo undiphe isipho esihle; umyeni wam kuya kunyanzeleka ukuba andixabise, ndizele amadoda amathandathu nje.” Wathi ke loo nkwenkwe nguZebhulon.

21Emva koko wazala intombi, wathi yona nguDayina.

22UThixo wamva uRakeli, wayiphendula imithandazo yakhe, wamvula wazala.

23Wakhawula, wazala inkwenkwe. Wathi: “UThixo ulisusile ihlazo lam.”

24Wathi ke igama layo nguJosefu, esithi: “Wanga uNdikhoyo angandongezela kwaenye inkwenkwe.”

Iqhinga likaYakobi

25Emva kokuvela kukaJosefu, uYakobi wathi kuLabhan: “Ndikhulule, khon' ukuze ndibuyele kowethu.

26Ndinike abafazi bam nabantwana bam endibasebenzeleyo, ndihambe. Uyakwazi ukubulaleka kwam ndikusebenzela.”

27Wathi uLabhan: “Mandiyithethe yona into yokuba ndityhilelwe ukuthi ndihlumé ndatsho ndasisinhanha ngenxa yokuba uNdikhoyo ekusikelele.

28Ndixelele umvuzo owufunayo nje wena, ndikunike.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

29Uthe uYakobi: “Wazi kakuhle indlela ebendisebenza ngayo, nento yokuba
yande kangakanani na imfuyo yakho ebisaluswa ndim lo.

30Laa mbinana wawunayo ukufika kwam, yande kakhulu, yaye noNdikhoyo
ebekuthamsanqelisa ngenxa yam. Nam ngoku ndifuna ukusebenzela intsapho
yam.”

31“Ndikuhlawule ntoni?” ubuzile uLabhan. Uthe uYakobi: “Andifuni ntlawulo.
Ndiza kuhlala ndiyaluse imihlambi yakho, ukuba nje siyavumelana ngale
ndawo.

32Namhlanje ndiza kuya phaya emhlambini, ndifike ndiwakhethe onke
amatakane amnyama nazo zonke iibhokhwe ezingcitha. Kuphela komvuzo
endiwufunayo ke lowo.

33Kuya kuba lula ke kamva ukuqonda xa ndibile. Uya kuthi uqonde ngaloo
nto ke xa uze kuhlola ukuba ndibile na: xa uthe wafika ndingenazo
iibhokhwe ezingcitha, kungekho nagusha imnyama, uya kwazi ukuba
ndibile.”

34Uthe uLabhan: “Sivene ke, mfo. Masenjenjalo ke.”

35Kwangaloo mhla uLabhan wazahlula emihlambini zonke iinkunzi
zeebhokhwe ezingcitha, kwakunye nezeegusha ezimnyama. Wathi mazaluswe
ngoonyana bakhe,

36bemka nawo loo mhlambi umgama owawunokuthathwa ngeentsuku
ezintathu. UYakobi yena wasala neminye imihlambi kaLabhan.

37UYakobi wagawula iipali ezisemanzi zepampiri, nezom-almondi, kunye
nompleyini. Wazixoza amaxolo, kwavela iindawo ezimhlophe.

38Wazigxumeka emijelweni kwezo ndawo kusela kuzo imihlambi. Loo nto
wayenza kuba iinkunzi zazikhwela xa zize kusela.

39Ezo mazi zeebhokhwe zazikhwelwa ngaphambi kwezo pali zazala
amatakane angcitha.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

40UYakobi wazahlula iigusha ezibhokhweni, wazijongisa ngakweziya zingcitha. Wawenza ngolu hlobo ke owakhe umhlambi, wawahlula kokaLabhan.

41Xa zikhwelwa iimazi ezomeleleyo, uYakobi wayedla ngokumisa ezo pali phambi kwazo kuloo ndawo yokusela, ukuze zizalele phantsi kwezo pali.

42Kodwa imigqutsuba wayengayizisi yona phantsi kwezo pali. Kungekudala ekaLabhan imihlambi yaba yile iyimigqutsuba, ekaYakobi yona yaba yile yomeleleyo.

43Wahluma, watyeba ngaloo ndlela ke uYakobi. Waba nemihlambi emininzi, nezicaka, iinkamela, needonki.

Eyeziqalo 31

UYakobi ubaleka uLabhan

1UYakobi weva ukuba oonyana bakaLabhan bathi uzithathe zonke izinto zikayise, yaye nobu butyebi bakhe ubuzuze ngezinto zikayise.

2Waphawula nokuba akasathandwa nguLabhan.

3 UNdikhoyo wathi kuYakobi: “Buyela kwilizwe looyihlo-mkhulu, kumawenu. Mna ndiya kuba nawe.”

4UYakobi ke wathumela ukuba kubizwe uRakeli noLeya ukuba beze kuye endle apho wayesalusa khona imihlambi.

5Uthe kubo: “Ndiyabona ukuba uyihlo akasandithandi ngoku; ukanti uThixo kabawo ubesoloko enam.

6Nazi kakuhle nobabini indlela ebendimsebenzela ngayo uyihlo.

7Kodwa yena wandiqhatha, wawuguqu-guqula umvuzo wam kalishumi. Kodwa uThixo akavumanga ukuba andenzakalise.

8Ubesakuthi uLabhan akuthi ezinamachaphaza ziya kuba zezam, zisuke zonke zizale amatakane anamachaphaza. Kuthi akuthi ziya kuba zezinemizila ezam, zisuke zonke zizale amatakane anemizila.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9UThixo uyihluthile imfuyo kayihlo, wayinika mna.

10“Ngexesha ekwakukhwelwa iimazi ndaba nephupha: ndaphakamisa amehlo, ndabona iinkunzi zeebhokhwe ezazikhwela iimazi, zingcitha, zingcaka.

11Sathi kum isithunywa sikaThixo ngephupha: ‘Yakobi!’ Ndasabela ndathi: ‘Ndim lo.’

12Sithe ke sona: ‘Phakamisa amehlo, ubone zonke iinkunzi zeebhokhwe ezikhwelayo zingcitha, zingcaka. Ndiyibonile yonke into akwenze yona uLabhan; kungoko ndisenza le nto.

13Mna ndingulaa Thixo wabonakala kuwe eBhetele, apho wathambisa khona ngamafutha ilitye lesikhumbuzo, apho wawenze khona isifungo. Ngoku ke lishiye eli lizwe, ubuyele kwelakowenu.’ ”

14Bathe ukuphendula ooRakeli noLeya: “Asisenabango thina kwizinto zikatata.

15Usiphethe okwabantu basemzini. Wasithengisa, wayitya yaphela naloo nto wayifumana ngathi.

16Ngoko ke seliyeyethu nabantwana bethu yonke loo nto uThixo asihluthele yona kutata. Yenza loo nto wena uThixo akuyalela yona.”

17Kwangoko uYakobi wabakhwelisa ezinkameleni abafazi bakhe noonyana bakhe.

18Wayiqhuba yonke loo mihlambi wayifumana ePadan-aram, wenjenjeya ukusinga kuyise uIsake eKanana.

19ULabhan wayeye kucheba iigusha zakhe. Lo gama angekhoyo uRakeli waya kuba imilonde-khaya kuyise.

20UYakobi yena wamkhohlisa uLabhan ngokungamazisi uLabhan ukuba uyemka.

21Wathatha konke okwakhe, wemka ngokungxama. Waya kuwela umlambo iEfrati, wenjenjeya ejonge kweleenduli eGiliyadi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ULabhan usukela uYakobi

22Emva kweentsuku ezintathu uLabhan weva ukuba uYakobi ubalekile.

23Wahamba nezihlobo zakhe, basukela iintsuku zada zasixhenxe, bamfumana kwezo nduli zeGiliyadi.

24Ngobo busuku uThixo wavela ngephupha kuLabhan, wathi: “Uze ulumke, ungathethi nto kuYakobi konke, nenjani na.”

25ULabhan wafika uYakobi emise kwezo nduli zeGiliyadi, waza yena namadoda awayehamba nawo wemisa kwalapho.

26ULabhan wathi kuYakobi: “Yintoni le uyenzileyo? Kutheni undikhohlisa nje, ude uqhube neentombi zam oku kwabathinjwa emfazweni?

27Kutheni le nto usuka uzimele, ungatsho xa umkayo? Ukuba ubuxelile ngendikukhulule kakuhle, wenzelwa iingoma ngamagubu nangeehapu.

28Akukhange undinike nethuba lokuba khe ndange abazukulwana bam neentombi zam, ndithi ndlela-ntle kubo. Hayi noko, bubudenge into oyenzileyo!

29Ndingakwenza into embi ngoku. Kodwa phezolo uThixo kayihlo uthe ze ndingathethi nto kuwe.

30Ndiyazi ukuba umkiswe kukukhumbula ikhaya, kodwa ke uyibele ntoni yona imilonde-khaya yam?”

31Uthe uYakobi: “Ndoyike ukuba undihluthe iintombi zakho.

32Kodwa ke ukuba kukho umntu apha onayo imilonde-khaya yakho, maze abulawe lowo. Ngoku sikhoyo sonke khangelani nantoni na eyeyenu, niyithathe.” UYakobi wayengazi ukuba imilonde-khaya kaLabhan ibiwe nguRakeli.

33ULabhan waya kukhangela ententeni kaYakobi, wadlulela nakwekaLeya, waya nakweyeempelesi zeentombi zakhe, akafumana nto apho. Wesuka apho waya ententeni kaRakeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.

34URakeli wayeseleyithathile imilonde-khaya wayifaka engxoweni, wahlala phezu kwayo. Wakhangela wagqogqa yonke indawo uLabhan, akayifumana noko.

35URakeli uthe kuyise: “Akuyi kukhathazeka, mhlekazi, xa ndingasukumiyo. Kaloku ndiya exesheni.” Wagqogqa uLabhan, wabuya ze nalapho engayifumananga imilonde-khaya yakhe.

36UYakobi wangcangcazela ngumsindo, wathi: “Uthi yintoni le imbi ndiyenzileyo? Mthetho wuphi lo ndiwaphuleyo ukugunyazisa ukuba uzingelane nam?

37Kukho nto yendlu yakho oyifumeneyo apha wakugqiba ukugqogqa umzi wam? Yirhole ibonwe ngala madoda uhamba nawo nala am, khon' ukuze alathe oyena wonileyo: indim, inguwe.

38“Bendihleli nawe iminyaka engamashumi mabini. Ngalo lonke elo xesha bezizala rhoqo iibhokhwe zakho, yaye andizange nditye nanye igusha yakho.

39Bendisoloko ndiyihlawula igusha nganye eqwengwe zizilwanyana. Andizange ndize nayo kuwe ndisithi asilotyala lam. Wawudla ngokuthi mandibuyise yonke into ebiweyo, nokuba kusemini, nokuba kusebusuku.

40Ndanditshiswa ngamalanga emini, ndidliwa naziingqele ebusuku, kungehli nobuthongo obu,

41kule minyaka imashumi mabini ndinawe. Ndasebenza ishumi elinane leminyaka, ndifuna iintombi zakho. Ndabuya ndasebenza eminye emithandathu, ndisebenzela imfuyo. Kanti ke phezu koko uwuguqu-guqule kwada kwakalishumi umvuzo wam.

42Ukuba ebengenam uThixo woobawo, uThixo ka-Abraham, uThixo kaIsake, ngewandigxotha ndemka ndingaphethe nto. Kodwa ke uThixo ububonile ubunzima ebendikubo nomsebenzi wam, waza ke phezolo wandigwebela.”

Imvumelwano kaYakobi noLabhan

© 1996 Bible Society of South Africa.

43Wenjenje ukuphendula uLabhan: “Ziintombi zam ezi; naba bantwana bazo ngabam; nale mihlambi yeyam; nditsho yonke le nto ilapha. Kodwa ngenxa yokuba ndingenako ukubanqanda abantwana bam,

44ndingáyenza imvumelwano kunye nawe. Masithathe amatye, siwafumbe ndawonye, abe sisikhumbuzo saloo mvumelwano.”

45UYakobi ke wathatha ilitye, walimisa ukuba libe sisikhumbuzo.

46Wathi amadoda makaqokelele amatye, awafumbe apho. Enjenjalo ke, aza ahlala phantsi apho ngakuloo matye, atya.

47ULabhan wathi loo ndawo yiJegare-saduta, uYakobi wathi yiGaledi.

48ULabhan wathi kuYakobi: “Le ngqumba yamatye iya kuba sisikhumbuzo kuthi.” Yiyo loo nto loo ndawo kwathiwa yiGaledi.

49ULabhan wabuya wathi: “Wanga uNdikhoyo angasijonga naxa sesahlukene.” Yaza loo ndawo kwathiwa yiMizpa.

50Waqhuba wathi uLabhan: “Ukuba ukhe wabaphatha kakubi abantwana bam, okanye wathatha bafazi bambi, nokuba andiyazanga loo nto, uzukhumbule ukuba uThixo usijongile.

51Nanga la matye afunjwe apha, phakathi kwethu; nali nelitye lesikhumbuzo.

52Zizombini ke ezo zinto zisisikhumbuzo. Andisoze ndidlule apha ndize kukuhlasela; nawe ungaze uzidlule uze kundihlasela.

53NguThixo ka-Abraham, uThixo kaNahore, oya kusigweba.” Waza ke uYakobi wafunga egameni loMhlonitshwa kayise uIsake.

54Waxhela, wenza idini apho, wamemela izihlobo zakhe esidlweni. Bakugqiba ukutya bahlala kuloo ntaba ubusuku bonke.

55Kwakusasa ngengomso uLabhan wanga abazukulwana bakhe neentombi zakhe, esithi ndlela-ntle kubo, wajika wagoduka.

Eyeziqalo 32

UYakobi ulungiselela ukuhlangabeza uEsawu

© 1996 Bible Society of South Africa.

1UYakobi uhambile naye, waza wahlangana nezithunywa zikaThixo endleleni.

2Uthe akuzibona wavakala esithi: “Ngumkhosi kaThixo lo,” waza wathi loo ndawo yiManayim igama layo.

3UYakobi wathumela izigidimi ngaphambili ukuba ziye kumntakwabo uEsawu eSeyire, e-Edom.

4Wathi ze zithi kuye: “Mna, Yakobi, sicaka sakho, ndazisa wena, nkosi yam Esawu, ukuba bekhe ndahlala kwaLabhan, ndaza ndabambezeleka apho kwada kwakalokunje.

5Ndiza neenkomo neegusha, iidonki neebhokhwe, kwakunye nezicaka. Ndithumela lo myalezo ke, mhlekazi, ndinethemba lokuba uya kundamkela.”

6Ukubuya kwazo izigidimi zikaYakobi, zafika zathi: “Simbonile uEsawu umntakwenu; selesendleleni ekukhawulelayo. Uza namakhulu amane amadoda.”

7Wothuka wakhathazeka uYakobi; waza wabahlula bangamaqela amabini abantu bakhe, ngokunjalo neegusha, neenkomo, neebhokhwe, kwaneenkamela.

8Icebo lakhe lalikukuba kusinde eli lesibini iqela, xa athe wahlasela elokuqala uEsawu.

9Uye wathandaza emva koko uYakobi esithi: “Thixo kabawo-mkhulu uAbraham, Thixo kabawo wam uIsake, ndive. Nguwe, Ndikhoyo, othe mandibuyele ezweni lakowethu naphakathi kwezizalwana zam. Watsho usithi uya kuyenza mhlophe indlela yam, konke kulunge.

10Ububele ondenzele bona, nokunyaniseka kwakho, akundifanele, Nkosi. Ndayiwela iJordan ndingenanto, ndiphethe umsimelelo kuphela. Ngoku ndibuya ndihamba nala maqela mabini.

11Ndihlangule ke kumntakwethu uEsawu, ndiyakubongoza. Ndinoloyiko hleze asihlasele asitshabalalise sonke, umntwana nonina.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Khumbula ke ukuba wathembisa ukuba konke kondilungela, wathembisa nokuba wondipha inzala engenakubalwa bani, ebuninzi bungangobentlabathi elunxwemeni lolwandle. ”

13Ngengomso uYakobi wakhetha kuloo mhlambi wakhe ezo wayeza kuzipha umntakwabo uEsawu:

14iimazi zeebhokhwe zaba ngamakhulu mabini, iinkunzi zangamashumi mabini; amakhulu mabini eemazi zeegusha, namashumi mabini eenkunzi zeegusha,

15amashumi amathathu eemazi zeenkamela namankonyane azo; kunye namashumi mane eemazi zeenkomo, kunye neshumi leenkunzi; namashumi mabini eemazi zeedonki; kunye neenkunzi ezilishumi.

16Wazahlula-hlula zayimihlambi, waza umhlambi ngamnye wakhokelwa sisicaka. Wathi mazihambe ngaphambili, zishiye isithuba phakathi komhlambi ngamnye.

17Wathi kwisicaka esasingaphambili, ze sithi xa ebuza uEsawu ukuba ngaba ngubani na inkosi yaso, besiya ngaphi na, wona umhlambi lo ungokabani:

18“ZezikaYakobi, isicaka sikaEsawu. Wenza ngazo isipho kuEsawu inkosi yakhe. Yena uYakobi uyalandela ngasemva.”

19Wabaxelela loo nto bonke abakhokela imihlambi, owesibini nowesithathu njalo-njalo, esithi: “Nakuhlangabezana noEsawu ze nithi:

20‘Ewe, isicaka sakho uYakobi siyeza ngasemva.’ ” Icebo likaYakobi lalikukuba amenze athambe ngezo zipho uEsawu, aze xa efika yena Yakobi kuye axolelwe.

21Wazindulula ke ezo zipho, waza yena walalisa apho esikhululweni ngobo busuku.

UYakobi ujijisana noThixo

© 1996 Bible Society of South Africa.

22Ngobo busuku wavuka uYakobi, wahamba nabafazi bakhe bobabini,
namaqadi abo, kunye nabantwana bakhe abalishumi nanye, wawuwela
umlambo iJabhoko.

23Akubaweza waweza nempahla yakhe yonke,

24kodwa yena wasala ngasemva. Kwafika umntu, wajijisana naye kwada
kwasekuzeni kokusa.

25Wathi loo mntu akubona ukuba akamngquli uYakobi, wamchukumisa
enyongeni, yatsho yagungxuka endaweni yayo.

26Watsho esithi: “Ndiyeke ndihambe, kuyasa.” UYakobi wathi: “Andisobe
ndikuyeke, de undithamsanqelise.”

27“Ungubani igama lakho?” ubuzile loo mntu. “NdinguYakobi,” uphendule
watsho yena.

28Uthe ke loo mntu: “Akusokubuya kuthiwe unguYakobi, kuba kaloku wena
ujijisene noThixo kwakunye nabantu, waphumelela. Ngoko ke kuya kuthiwa
unguSirayeli igama lakho. ”

29Uthe yena uYakobi: “Nawe ndixelele elakho igama.” Uthe loo mfo: “Uza
kulenzani igama lam?” Watsho esikelela uYakobi.

30UYakobi wathi: “UThixo ndimbonile ubuso ngobuso, ndibe naku
ndisaphila.” Wathi ke loo ndawo yiPeniyeli.

31Laphuma ilanga xa uYakobi emkayo apho ePeniyeli. Wayeqhwalela ngenxa
yenyonga egungxulekileyo.

32AmaSirayeli akawutyi umsipha kasikrotyana unanamhlanje, kuba kaloku
wachukunyiswa kuloo ndawo uYakobi.

Eyeziqalo 33

UYakobi uhlangana noEsawu

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1UYakobi wambona uEsawu esiza namakhulu amane amadoda, waza abantwana wabahlula-hlula phakathi koLeya noRakeli namaqadi abo omabini.

2Wabeka amaqadi nabantwana bawo ngaphambili, weza noLeya nabantwana bakhe, kwaza ekugqibeleni yanguRakeli noJosefu.

3UYakobi wayengaphambi kwabo, ekhahlela kwada kwakasixhenxe njengokuba wayesiya esondela kumntakwabo.

4UEsawu wakhawuleza ukuya kuye, waziphosa kuye, wamgona, wamanga. Balila bobabini.

5Akusinga-singa uEsawu, wabona abo bafazi nabo bantwana, wabuza wathi: “Ngoobani aba uhamba nabo?” “Mhlekazi, ngabantwana endibaphiwe nguThixo,” utshilo uYakobi.

6Eza amaqadi nabantwana bawo, afika akhahlela.

7Kwalandela uLeya nabakhe abantwana, kwaza kwagqibela uJosefu noRakeli, nabo bakhahlela.

8UEsawu uthe: “Yona laa mihlambi ndihlangene nayo endleleni?” Uthe ukuphendula uYakobi: “Bendiyithumela ukuza kundicengela kuwe, mhlekazi.”

9Uthe uEsawu: “Ndinemfuyo ngokwaneleyo, mfo wethu; gcina izinto zakho.”

10UYakobi wathi: “Ndincede, zithathe ukuba uyasamkela isicengo sam. Xa ndibona ubuso bakho, ngathi ndibona ubuso bukaThixo, ingakumbi ngoku sowundamkele ngobubele.

11Zithathe kaloku ezi zipho ndikuphathele zona. UThixo undenzele ububele, wandipha yonke into ebendiyifuna.” UYakobi wamcenga uEsawu, wada woyisakala wazithatha ezo zipho.

12Uthe uEsawu: “Masilungiselele ukunduluka ngoku. Mna ndiza kukukhapha.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13UYakobi uthe: “Kaloku abantwana bam baselula, yaye kufuneka ndicingele
neegusha kunye namatakane azo, kuba ukuba zikhe zaxheshwa usuku nje
olunye, zingafa zonke.

14Hamba ngaphambili wena, mna ndolandela, ndicothoza kunye nabantwana
kunye nemihlambi, de ndikufumane e-Edom.”

15Wathi uEsawu: “Xa kunjalo ke makushiyeke namanye amadoda kula
ndihamba nawo.” Kodwa wathi uYakobi: “Hayi, akukho mfuneko; kwanele xa
ndamkelekile kuwe.”

16Wanduluka ke ngaloo mini uEsawu ukusinga e-Edom.

17Kodwa yena uYakobi wenjenjeya esiya eSukoti. Apho wazakhela indlu,
nemihlambi yakhe wayenzela uthango. Yiyo loo nto loo ndawo kuthiwa
yiSukoti.

18Ekubuyeni kwakhe ePadan-aram, uYakobi wahamba kakuhle, waya kufika
kwidolophu iShekem kwelaseKanana, wamisa apho kufuphi nedolophu leyo.

19Wawuthenga loo mhlaba kubazukulwana bakaHamore uyise kaShekem
ngekhulu leesiliva.

20Wenza iqonga lamadini apho, wayithiya loo ndawo ngoThixo, uThixo
wamaSirayeli.

Eyeziqalo 34

Ukuhlaziswa kukaDayina

1Ngamhla uthile uDayina intombi kaYakobi noLeya waya kubutha kwezinye
iintombi zaseKanana.

2UShekem, unyana kaHamore umHivi inkosi yaloo mmandla, wambona,
wemka naye, wazithathel' isondo kuye.

3Wasuka wathi ti yiloo ntombi uShekem, wayithanda, wazama
ukuzicengezela kuyo.

4Waxelela uyise ukuba makamthathele yona ibe ngumkakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5Weva uYakobi ukuba intombi yakhe yonakele. Kodwa ngenxa yokuba babengekho oonyana bakhe, besemadlelweni, akazange enze nto kwada kwabuya bona.

6Uyise kaShekem uHamore waya kuthetha noYakobi.

7Kwakuxa kanye babuyayo emadlelweni oonyana bakaYakobi. Bothuka, bakhathazeka kakhulu bakuyiva into embi kangaka eyenziwe nguShekem yokunyelisa amaSirayeli ngokulala nentombi kaYakobi, nto leyo ingenziwayo kwaSirayeli.

8UHamore wenjenje ebhekisa kuYakobi: “Unyana wam uShekem uyayithanda le ntombi yakho. Ndiyakucela ke, mvumele ayithathe.

9Masivane thina kwinto yokuba abantu bethu bendiselane.

10Nawe ke ungema naphi na kulo mhlaba wakowethu, urhwebe nokurhweba kangangoko uthanda, ufuye nempahla.”

11Uthe ke yena uShekem kuYakobi noonyana bakhe: “Ndikhululeleni le ntombi. Ndiya kuhlawula nantoni na eniyifunayo.

12Ndixeleleni ikhazi emandilikhuphe, libe likhulu kangangoko nifuna; nixele namabhaso eniwafunayo, ndininike. Nantoni na eniyifunayo ndingayikhupha, ukuba nje niyavuma ndimthathe uDayina.”

13Ngenxa yokuba uShekem wayeselemhlazisile udade wabo uDayina, oonyana bakaYakobi babaphendula ngelibaqhathayo ooShekem noyise uHamore,

14benjenje: “Asinakumendisela kumntu ongalukanga udade wethu. Into enjalo ingalihlazo.

15Singavuma xa nina, kunye nawo onke amadoda alapha, nisaluka, nifane nathi.

16Nolwendiselwano olu nina nithetha ngalo singalwamkela phantsi kwaloo mqathango kuphela, sihlale phakathi kwenu, sibe ngabantu abanye.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Kodwa ke ukuba anivumelani nathi ngale ndawo, siya kumthatha udade
wethu, sifuduke apha.”

18Yavakala ilungile imihle le miqathango kuHamore nakunyana wakhe
uShekem.

19UShekem akapholisanga maseko, ngenxa yokuba wayemthanda uDayina
intombi kaYakobi. UShekem wayexatyiswe kakhulu kowabo.

20UHamore noShekem babizela amawabo embizweni ngasesangweni
ledolophu, babhekisa kuwo benjenje:

21“Abaya bantu ngabahlobo bethu. Masibavumele bahlale bazive besekhaya
apha kowethu. Mkhulu lo mhlaba; ungasanela sonke. Singendiselana
nokwendiselana nabo.

22Kodwa abaya bantu bathi bohlala phakathi kwethu, sibe ngabantu abanye,
ngaphantsi komqathango omnye: lo wokuba onke amadoda aluke, afane
nabo.

23Anithi ke izinto zabo nemfuyo yabo yonke ayingebi yeyethu xa kunjalo?
Masivumelane ke nabo, bahlale nathi.”

24Laba linye kumntu wonke kubemi baloo dolophu, aza onke amadoda aluka.

25Emva kweentsuku ezintathu, xa kanye onke amadoda aqhanile ziintlungu,
oonyana ababini bakaYakobi, abanakwabo-Dayina, uSimon noLevi, bathatha
amakrele abo, bangena esixekweni, bengarhanelwa bani, bafika bawabulala
onke amadoda

26kunye noHamore noShekem. Baya kuthatha uDayina kwaShekem, bemka
naye.

27Emva koko abanye oonyana bakaYakobi bangena edolophini, bayiphanga,
bekhupha isixhiba ngenxa yokunyeliswa kodade wabo.

28Bemka neegusha, neenkomo, needonki, babutha konke esixekweni
nasemadlelweni.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

29Yonke into enexabiso bahamba nayo, bathatha bonke abafazi nabantwana kunye nempahla yezindlu.

30UYakobi wathi kuSimon noLevi: “Nina nindibangela ingxwaba-ngxwaba ngale nto. Ngoku ndiza kucatshukelwa ngabantu bonke, amaKanana kunye namaPerezi. Andinamadoda maninzi mna. Ukuba bona banokudibana bandihlasele ungatshabalala wonke umzi wam.”

31Bamphendula ngelithi: “Besingenakuyeka udadethu aphathwe njengehenyukazi.”

Eyeziqalo 35

UYakobi usikelelwa nguThixo eBhetele

1Wathi uThixo kuYakobi: “Hamba ngoku uye kuhlala eBhetele. Uze ufike undenzele iqonga lamadini apho. Mna ndingulaa Thixo wavela kuwe xeshikweni wawubaleka umkhuluwa wakho uEsawu.”

2UYakobi ke wayalela intsapho nezicaka zakhe wathi: “Yahlukanani noothixo basemzini abaphakathi kwenu, nihlambuluke, ninxibe mpahla zimbi.

3Siza kumka apha, sifudukele eBhetele, apho ndiya kumisa khona iqonga lamadini loThixo owandikhulula engxakini nobesoloko enam naphi na apho ndikhoyo.”

4Bazikhupha ke izithixo zasemzini, bazinika uYakobi kunye naloo macici babewafakile. Ezo zinto wazimbela ngaphantsi komthi wom-oki ongakwidolophu yaseShekem.

5Ukumka kukaYakobi noonyana bakhe, abantu beedolophu ezikufuphi baba noloyiko olukhulu, ababasukela.

6Waya kugaleleka eBhetele eKanana uYakobi nentsapho yakhe yonke. IBhetele ke yayaziwa ngokuba yiLuzi.

7Wamisa iqonga lamadini apho uYakobi, wayithiya loo ndawo ngoThixo waseBhetele. Kaloku kulapho uThixo wazibonakalisayo kuYakobi xa wayebaleka umkhuluwa wakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8UDibhora impelesi kaRakeli, wabhubhela khona apho, wafihlelwa phantsi komthi wom-oki owawusezantsi kweBhetele. Kwathiwa ke loo ndawo nguM-oki weeNyembezi.

9UThixo wabuya wavela kuYakobi ukubuya kwakhe ePadan-aram,wabuya wamthamsanqelisa.

10Wenjenje ukuthetha uThixo: “Kuthiwa igama lakho unguYakobi, kodwa ukususela ngoku kuya kuthiwa unguSirayeli.” Kwaba ke njalo uThixo umthiya igama elinguSirayeli.

11Wabuya wathi uThixo: “Mna ndinguThixo uSomandla. Ndithi chuma wande. Uya kuba nguyise wesizwe – nditsho izizwe ngezizwe – ube ngukhokho weekumkani.

12Umhlaba endawunika uAbraham noIsake ndiwunika wena kunye nabazukulwana bakho emva kwakho.”

13UThixo wamshiya ke apho akugqiba ukuthetha naye.

14Apho kanye kuloo ndawo uThixo wayethetha kuyo noYakobi, wemisa ilitye uYakobi, walinikela kuThixo ngokuligalela iwayini namafutha.

15Loo ndawo wathi yiBhetele.

Ukubhubha kukaRakeli

16Wafuduka uYakobi nentsapho yakhe eBhetele. Kwathi xa babekude kufuphi ne-Efrata, kwabonakala ukuba lifikile ixesha lokuba uRakeli abeleke. Kwaba nzima kakhulu.

17Kwathi egcuma ziintlungu, wavakala esithi umbelekisi wakhe: “Uzungoyiki, Rakeli, uzele enye inkwenkwe.”

18Ngelo xesha ke uRakeli wayeseleqhawuka. Uthe kanye xa uphumayo umphefumlo wathi igama laloo mntwana nguBhenoni. Uyise yena wathi nguBhenjamin.

19Waza ke uRakeli wafa, wangcwatywa ecaleni kwendlela eya e-Efrata, ekuthiwa yiBhetelehem.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

20Wemisa ilitye lesikhumbuzo apho uYakobi. Liselapho; nangoku lisaqondisa
ingcwaba likaRakeli.

21Wahambela mganyana uYakobi, wafika wemisa malunga neMigdali-edere.

Oonyana bakaYakobi
(1 Gan 2:1-2)

22Ngethuba wayesekuloo mmandla uSirayeli, uRubhen walala noBhiliya,
elinye lamaqadi abafazi bakayise uSirayeli. Wayiva loo nto uSirayeli.
UYakobi wayenoonyana abalishumi elinambini.

23Oonyana abazalwa nguLeya yayinguRubhen, izibulo likaYakobi, noSimon,
noLevi, noJuda; uIsakare noZebhulon.

24Oonyana abazalwa nguRakeli yayinguJosefu noBhenjamin.

25Oonyana bempelesi kaRakeli uBhiliya yayinguDan noNafetali.

26Oonyana bempelesi kaLeya uZilipha yayinguGadi noAshere. Aba nyana
bazalelwa ePadan-aram.

Ukubhubha kukaIsake

27UYakobi waya kuyise eMamre kufuphi neHebron, ekwakusithiwa yiKiriyati-
arbha, apho babemi khona ooAbraham noIsake.

28UIsake uhleli iminyaka elikhulu linamashumi asibhozo.

29Ubhubhe seleyinkothovu yexhego, wangcwatywa ngoonyana bakhe uEsawu
noYakobi.

Eyeziqalo 36

Inzala kaEsawu
(1 Gan 1:34-37)

1Nanga amagqabantshintshi ngoEsawu okwanguEdom.

2UEsawu watshata iintombi zaseKanana. Wathatha uAda, intombi kaElon
umHiti, noHolibhama intombi ka-Ana unyana kaZibheyon, umHivi,

3kunye noBhasemati, intombi kaIshmayeli, engudade boNebhayoti.

4UAda wazala uElifazi, uBhasemati wazala uRuweli,

© 1996 Bible Society of South Africa.

5waza uHolibhama wazala uJewushe noJalam kunye noKora. Bonke aba
nyana bakaEsawu bazalelwa eKanana.

6UEsawu wathatha abafazi bakhe, noonyana bakhe, iintombi zakhe, nabo
bonke abantu bakhe, kunye nemfuyo yakhe, nayo yonke impahla
awayifumana kwilizwe laseKanana, wemka wamshiya umntakwabo uYakobi.

7Unobangela wokuba emke kukuba lo mhlaba wawungasabaneli; imfuyo
yabo yayiselininzi kakhulu.

8UEsawu ke waya kuma kweleentaba e-Edom.

9Nantsi inzala kaEsawu, ukhoko wamaEdom:

10-13Umka-Esawu, uAda, wazala unyana uElifazi. UElifazi yena wazala
uTeman, no-Omare, uZefo, uGatam, noKenazi. Omnye umfazi kaElifazi,
uTimna, wazala uAmaleki. UBhasemati, umka-Esawu, yena wazala uRuweli.
Yena uRuweli wazala uNahati, uZera, uShama, kunye noMiza.

14Umka-Esawu onguHolibhama intombi ka-Ana lo ungunyana kaZibheyon,
yena wazala uJewushe, uJalam, noKora.

15Nazi ke izizwe ezingumlibo kaEsawu: UElifazi izibulo likaEsawu, nguyise-
mkhulu wezi zizwe zilandelayo: amaTema, amaOmare, amaZefo, amaKenazi,

16amaKora, amaGatam, nama-Amaleki. Bonke aba ngabomlibo ka-Ada umka-
Esawu.

17URuweli, unyana kaEsawu, yena nguyise-mkhulu wezi zizwe: amaNahati,
amaZera, amaShama, namaMiza. Bonke aba ngabomlibo kaBhasemati umka-
Esawu.

18Ezi zizwe zilandelayo zingumlibo kaEsawu ngoHolibhama intombi ka-Ana:
amaJewushe, amaJalam, namaKora.

19Zonke ezi zizwe yinzala kaEsawu.

Inzala kaSeyire
(1 Gan 1:38-42)

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

20-21Abemi bemveli belase-Edom yayizizizwe ezimlibo ulandwa ngaba bazukulwana bakaSeyire umHori: uLotan, uShobhali, uZibheyon, uAna, uDishon, uEzere, noDishan.

22ULotan wayengukhoko wamaHori namaHeman. ULotan wayenodade wabo uTimna.

23UShobhali wayengukhoko wama-Alvani, namaManahati, amaEbhali, amaShefo, namaOnam.

24UZibheyon wazala uAya noAna. Ngulo Ana lo wabhaqa imithombo yamanzi ashushu entlango esalusa iidonki zikayise.

25-26UAna wazala uDishon, lo ungukhokho wamaHemdan, amaEshbhan, amaItran, namaKeran. UAna wayekwanentombi egama linguHolibhama.

27UEzere wayengukhokho wamaBhilehan, amaZavan, nama-Akane.

28UDishan yena ungukhokho wamaUzi nama-Aran.

29-30Nazi izizwe zamaHori ezimi e-Edom: ngamaLotan, amaShobhali, amaZibheyon, ama-Ana, amaDishon, amaEzere, namaDishan.

Iikumkani zase-Edom
(1 Gan 1:43-54)

31-39Kwangaphambi kokuba zibekho iikumkani kwaSirayeli, ezi zilandelayo yayiziikumkani ezalawula kwaEdom, ngokulandelelana kwazo: uBhela unyana kaBhehore waseDinabha; uJobhabhi unyana kaZera waseBhozera; uHusham wakummandla wakwaTeman; uHadadi unyana kaBhedadi waseHaviti, owawachitha edabini amaMidiyan kwelamaMowabhi; uSamla waseMasereka; uShawule waseRehobhoti phezu komlambo iEfrati; uBhali-hanani unyana ka-Akibho; uHadadi wasePawu omkakhe wayenguMetabheli intombi kaMatredi nomzukulwana kaMezabhi.

40-43UEsawu wayengukhokho wezi zizwe zamaEdom: amaTimna, ama-Aleva, amaYetete, amaHolibhama, amaEla, amaPinon, amaKenazi, amaTeman, amaMibhezare, amaMagediyeli, namaIram. Ummandla wesizwe ngasinye wathiywa ngegama lentloko yeso sizwe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

Eyeziqalo 37

UJosefu nabakhuluwa bakhe

1UYakobi wayehlala eKanana, kwelo lizwe wayemi kulo uyise ngaphambili.

2Nanga amagqabantshintshi ngoYakobi. Akuba yinkwenkwe eneshumi linesixhenxe leminyaka ubudala, uJosefu wayedla ngokuhamba nabakhuluwa bakhe abangoonyana bakaBhiliya noZilipha, amaqadi kayise, baye kwalusa impahla. Wayedla ngokubaxela kuyise ngezinto ezingekho mgaqweni ababezenza.

3USirayeli wayemthanda ngaphezu kwabo bonke abantakwabo uJosefu, kuba yena wavela selaluphele uSirayeli. Wamenzela ingubo embeje-mbeje.

4Bathi abantakwabo bakuphawula ukuba uyise umthanda ukugqitha bona uJosefu, bamthiya kangangokude bangakwazi nokuthetha kakuhle naye.

5Ngabusuku buthile uJosefu waba nephupha, athe akulilawula kubakhuluwa bakhe, bamthiya ngakumbi.

6Wathi kubo: “Khanive ndinixelele iphupha lam.

7Ndiphuphe sisemasimini, sibopha izithungu zengqolowa. Suka esam isithungu sema nkqo, zaza ezenu zeza kusingqonga, zakhahlela kuso.”

8Bathe abakhuluwa bakhe: “Ngaba uba uza kuba yikumkani, size thina silawulwe nguwe?” Loo nto yelo phupha yamenza wanetyheneba kubo, nangenxa yeentetho zakhe.

9Uphinde wanelinye iphupha uJosefu, wabuya wabalawulela abantakwabo, esithi: “Kweli iphupha ndibone ilanga, nenyanga, neenkwenkwezi ezilishumi elinanye, zikhahlela kum.”

10Ulilawule nakuyise eli phupha. Wamngxolisa uyise, esithi: “Suk' apha, phupha lini eli athi unyoko nabantakwenu kunye nam sikhahlele wena!”

11Abakhuluwa bakaJosefu bammonela, kodwa yena uyise wamana elijika-jika engqondweni eli phupha.

UJosefu uyathengiswa, asiwe eJiputa

© 1996 Bible Society of South Africa.

12Ngamini ithile abakhuluwa bakaJosefu babeseShekem besalusa impahla,

13wathi uSirayeli kuJosefu: “Ndifuna ukukuthuma kubantakwenu eShekem apho bayalusela khona impahla.” Uthe uJosefu: “Kulungile, tata.”

14Uthe uYakobi: “Khawuye kukhangela ukuba abantakwenu basahleli kakuhle na, nokuba akukho monakalo ukhoyo na empahleni, ubuye uze kundazisa.” Wanduluka ke uJosefu kuloo ntili yeHebron, ethunywe eShekem. Wahamba waya kufika eShekem uJosefu.

15Kuthe esabhadula kwelo zwe, kwavela ndoda ithile, yambuza yathi: “Ufuna ntoni?”

16“Ndifuna abantakwethu abalusa impahla; ungandixelela apho bakhoyo?” utshilo uJosefu.

17“Sebemkile,” itshilo loo ndoda. “Ndibavele besithi baza kuya eDotan.” Wenjenjeya ke uJosefu ukulandela abantakwabo, wada waya kugaleleka eDotan, apho wafika bekhona.

18Bambona esekude, waza wathi efika kubo baba sebenze iyelenqe lokumbulala.

19Bathi bakumbona: “Nanku esiza laa mphuphi.

20Masimbulale, size isidumbu sakhe sisifake kwelinye lala maqula atshileyo, sithi uqwengwe ngamarhamncwa, sibone ke ukuba aya kuthini na loo maphupha akhe.”

21URubhen wabavela kuloo nto, wafuna ukumsindisa uJosefu, wathi: “Hayini, madoda,

22masingambulali siphalaze igazi lomntakwethu. Makaphoswe nje kweli qula lilapha entlango, kodwa ningamenzakalisi.” Ethetha loo nto nje wayeceba ukumhlangula kubo, aze amgoduse amse kuyise.

23Akufika kubantakwabo uJosefu, bamkhulula loo ngubo imbeje-mbeje,

24baza bamthatha bamphosa equleni elingenamanzi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

25Kuthe ke besatya, kwee gqi igqiza lamaIshmayeli, evela eGiliyadi, esinga eJiputa. Ayeqhuba iinkamela ezithwele intlaka yesiqhumiso, namafutha anamakha, nentlaka yokuqhola.

26UJuda wabhekisa kubantakwabo, wathi: “Iza kusenzela ntoni into yokubulala umntakwethu, khona sesibufihlile obo bugwinta?

27Masithengise ngaye kula maIshmayeli. Ngaloo ndlela asiyi kumenzakalisa. Andithi gxebe ligazi lethu eliya?” Bavumelana naye abanye.

28Kwathi xa kwakudlula iqela labarhwebi bamaMidiyan, bamkhupha uJosefu kuloo mhadi, bamthengisa ngamashumi amabini eesiliva kumaIshmayeli, awamthathayo amsa eJiputa.

29Akuya kuvela kwelo qula uRubhen, wafika engekho uJosefu, wasuka wakrazula izambatho zakhe ngenxa yosizi awayenalo.

30Wabuyela kubaninawa bakhe, wathi: “Madoda, laa nkwenkwe ayikho phaya; ndiza kuyithini le nto?”

31Banqumla ibhokhwe, baza ingubo kaJosefu bayityikila ngelo gazi layo.

32Bayithatha loo ngubo, bayisa kuyise, bafika bathi: “Sichole le nto; khawufanise ukuba ngaba asiyiyo eyonyana wakho na?”

33UYakobi wayifanisa kwangoko, wathi: “Yingubo yomntwanam le! Kwowu, uqwengwe ngamarhamncwa! Hayi, amqwenga-qwengile umntwanam uJosefu!”

34Wazikrazula izambatho zakhe uYakobi, elusizi; wanxiba ezamarhonya, ezila. Wamzilela ithuba elide unyana wakhe.

35Beza kumthuthuzela bonke oonyana neentombi zakhe, kodwa wala, akavuma ukuthuthuzeleka. Uthe kubo: “Ndiya kude ndife ndisamzilele umntwana wam.” Wazila rhoqo ke, ezilela unyana wakhe uJosefu.

36Ngelo xesha amaMidiyan ayeselemthengisile uJosefu eJiputa kuPotifare, elinye lamagosa okumkani waseJiputa, elaliyinduna yabalindi bebhotwe lakomkhulu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

Eyeziqalo 38

UJuda noTamare

1Ngelo xesha ke uJuda wabashiya abantakwabo, waya kuhlala nomfo ogama
linguHira, owayehlala kwidolophu iAdulam.

2UJuda wabona apho intombi yomKanana ogama linguShuwa. Wayithatha
yaba ngumkakhe,

3yazala inkwenkwe ekwathiwa nguEre igama layo.

4Uphinde wazala enye inkwenkwe, kwathiwa igama layo nguOnan.

5Uzele enye inkwenkwe kwakhona, yona kwathiwa nguShela. Wayehlala
eKezibhi uJuda ukuzalwa kwale nkwenkwe.

6UJuda wamfunela umfazi uEre unyana wakhe omkhulu. Igama lakhe
lalinguTamare.

7UEre wayeziphethe kakubi, loo nto yabangela ukuba uNdikhoyo abunqamle
ubomi bakhe.

8UJuda uthe uOnan, umninawa kaEre, makadibane nomka-mkhuluwa wakhe,
khon' ukuze azalele umkhuluwa wakhe abantwana ngokwesiko.

9UOnan, esazi ukuba wayengazi kuzizalela abo bantwana, wathi rhoqo
ukumane eyichithela phantsi imbewu yakhe ngalo lonke ixesha adibana
noTamare, khon' ukuze angathathi, angamzaleli bantwana umkhuluwa
wakhe.

10Loo nto wayithiya kakhulu uNdikhoyo, waza wabunqamla ubomi
bukaOnan.

11Uthe ke uJuda kumolokazana wakhe uTamare makakhe agoduke, aye
kuhlala kowabo engumhlolokazi, de kukhule uShela unyana omncinci.
Watsho kuba esoyika hleze afe noShela kwanjengabakhuluwa bakhe.
Wagoduka ke uTamare.

© 1996 Bible Society of South Africa.

12Emva kwethuba umka-Juda intombi kaShuwa wabhubha. Akuba ephumile
ehlathini uJuda, wahamba nogxa wakhe uHira waseAdulam, baya eTimna,
apho kwakuchetywa khona iigusha zakhe.

13Kwabakho mntu uthile uhlebela uTamare ukuba uyisezala wayesiya
kucheba iigusha zakhe eTimna.

14UTamare wazikhulula iimpahla zokuzila awayezinxibile, wafihla nobuso
bakhe ngesigqubuthelo, waza wahlala phantsi ngasesangweni lase-Enayim,
eyayiyidolophu esendleleni eya eTimna. Wayesazi ukuba uShela unyana
omncinci kaJuda wayeselekhulile, kodwa yena Tamare wayengekanikezelwa
kuye.

15Akumbona uTamare, uJuda waba lihenyukazi nje, kuba wayebufihlile
ubuso bakhe.

16Wawela indlela, waya kuye, wafika wathi: “Khawutsho, ufuna ndikunike
ntoni?” Esitsho nje wayengaqondi ukuba ubhekisa kumolokazana wakhe.
UTamare ke waphendula wathi: “Yintoni ongandinika yona wena?”

17Uthe uJuda: “Ndakuthumela itakane lebhokhwe.” UTamare uthe:
“Kulungile ukuba undinika isibambiso ndisigcine kude kufike elo takane.”

18“Ndikunike sibambiso sini?” ubuze watsho uJuda. Uthe uTamare: “Ndinike
eso siphawulo sakho kunye nomtya waso, naloo msimelelo wakho.” Wamnika
ke uJuda. Balala, wathatha uTamare.

19Wagoduka, wafika wothula eso sigqubuthelo wayesithwele, wanxiba
impahla yakhe yokuzila.

20UJuda wathumela uHira ugxa wakhe ukuba ase elo takane, aze athathe ezo
zinto wayebambise ngazo kuloo mfazi. Kodwa akazange amfumane loo mfazi
uHira.

21Wabuza kubafo abathile base-Enayim wathi: “Liye phi elaa henyukazi laliba
secaleni kwendlela?” Bathi ke bona: “Akuzange kubekho henyukazi apha.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22Wabuyela kuJuda, wathi: “Andimfumananga; yaye namadoda alapho athi akuzange kubekho henyukazi apho.”

23Wathi uJuda: “Akukho nto; masezihlala kuye ezo zinto zam. Nto nje andifuni kuba yintlekisa ebantwini. Kambe mna ndilingile ukuhlawula, kodwa lona ihenyukazi alifumaneki.”

24Emva kweenyanga ezintathu waxelelwa uJuda kwathiwa: “UTamare umolokazana wakho ubeziphethe kakubi, ngoku ke umithi.” UJuda wathi: “Mkhupheleni ngaphandle, atshiswe ngomlilo ade afe.”

25Kuthe xa bamqhubayo, wathumela abantu kuyisezala ukuba bamxelele bathi: “UTamare uthi: ‘Ndimithiswe ngulo mntu ezizezakhe ezi zinto: isiphawulo nomtya waso, nomsimelelo. Khawuzijongisise, ukhangele ukuba ngaba zezikabani na.’ ”

26UJuda wazazi kwangoko, wathi: “Akanatyala. Ndim ongahambanga ngesiko. Bendimelwe kukumnikezela kunyana wam uShela.” Waba uqale wagqibelisa uJuda ukulala noTamare.

27Kuthe xa kusondela ilixa lokubeleka, kwabonakala ukuba wayeza kuzala amawele.

28Xa alunywayo elinye iwele lavelisa isandla, waza umfazi owayembelekisa wasibamba, wasibopha ngomsonto obomvu eso sandla, wathi: “Lo uvele tanci.”

29Kodwa sabuya satshona isandla, kwaza kwavela elinye iwele kuqala. Wathi ke loo mfazi: “Wenjenje kanti ukuzivulela indlela!” Kwathiwa ke igama lalo nguPerezi.

30Ke yena umntakwabo wavela enalaa msonto ubomvu, kwathiwa yena nguZera.

Eyeziqalo 39

UJosefu nomka-Potifare

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Ke kaloku amaIshmayeli aya naye eJiputa uJosefu, afika amthengisa kuPotifare, owayengomnye wamaphakathi okumkani waseJiputa, owayenguyena nduna yabalindi basebhotwe.

2 UNdikhoyo waba naye uJosefu, wamphumeza kwinto yonke. Wayehlala endlwini yenkosi yakhe yomJiputa,

3eyaqondayo ukuba uJosefu wayephantsi kogcino lukaNdikhoyo, yaye yayinesandla sikaNdikhoyo yonke into ayenzayo.

4Wakholiseka nguJosefu uPotifare, wamenza intonga yakhe yasekhosi. Ngoko ke wamenza induna yomzi wakhe nomlawuli wempahla yakhe yonke.

5Ukususela ngoko uNdikhoyo wawuthamsanqelisa umzi waloo mJiputa, kunye nemfuyo yakhe, namasimi akhe, nayo yonke into awayenayo, ngenxa kaJosefu.

6Yonke into yakhe ke uPotifare wayinikela elulawulweni lukaJosefu, akwabikho nto yimbi azikhathaza ngayo ngaphandle nje kokuthatha icephe atye. UJosefu wayemile kakuhle, eyinzwana yomfana.

7Kwakuba mzuzu umka-Potifare wafikelwa ngumnqweno ngoJosefu, wazicelela isondo kuye.

8UJosefu wala, esithi: “Inkosi yam ijonge kum, mna Josefu, ngento yonke yayo; ayisazikhathazi nganto, kuba ithembe mna.

9Yaye indinike lonke igunya emzini wayo; nguwe kuphela endingenagunya kuye. Ke ndingathini mna ukwenza into embi kangako, ndimone uThixo?”

10Naxa wazingayo lo mfazi ukucela isondo kuJosefu mihla le, uJosefu yena wala ukuyenza loo nto.

11Kwathi ngenye imini, uJosefu engene endlwini kaPotifare, eye kusebenza, wafika kungekho nasinye isicaka.

12Umka-Potifare wambamba, emtsala ngengubo, wathi: “Yiza kaloku!” Kodwa waphuncula uJosefu, wabalekela ngaphandle, washiya loo ngubo yakhe eyiphethe ngesandla loo mfazi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Uthe loo mfazi akuphawula ukuba uJosefu uyishiyile ingubo yakhe,
wabalekela ngaphandle,

14wabiza izicaka zakhe, wazibonisa loo ngubo. Watsho esithi: “Laa mHebhere
ungeniswe ngumyeni wam emzini wam uyasihlazisa, kuba ungene egumbini
lam efuna ukundidlwengula. Kodwa mna ndizincede ngokutsho esikrakra esi
isikhalo.

15Wothuswe seso sikhalo, wabalekela ngaphandle, eshiya loo ngubo yakhe
ngakum.”

16Wayigcina ke loo ngubo kaJosefu kwada kwabuya inkosi yakhe.

17Ithe yakufika nayo wayenzela eli bali: “Laa mHebhere umngenise ekhaya
apha ungene egumbini lam, efun' ukundihlazisa.

18Ndizincede ngokutsho esikrakra sona isikhalo, ukuze abalekele ngaphandle.
Washiya nale ngubo yakhe ngakum.”

19Waqumba kakhulu uPotifare akuyiva loo nto ithethwa ngumkakhe,

20wathi uJosefu makabanjwe, avalelwe entolongweni ekwakuvalelwa kuyo
amabanjwa kakumkani. Wahlala apho.

21Kodwa nalapho uNdikhoyo waba ngakuJosefu, wamthamsanqelisa, watsho
wathandwa ngujela.

22Ujela wamnyusela uJosefu, wangumphathi wamanye amabanjwa. Yonke
into eyenziwa entolongweni yajonga yena.

23UNdikhoyo wamphumeza uJosefu kangangokude ujela angabi sajongana
nemisebenzi eyayijongwe nguJosefu, kuba uNdikhoyo wayemthamsanqelisa.

Eyeziqalo 40

UJosefu uchaza amaphupha amanye amabanjwa

1Emva kwexesha injoli kakumkani waseJiputa, kunye nombhaki oyintloko,
bayona inkosi yabo ukumkani.

2Wacaphuka ukumkanizizenzo zala madoda,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

3wawafaka ke entolongweni kumzi wenduna yabalindi, apho kwakugcinwe khona uJosefu.

4Bahlala ke entolongweni apho, yaza induna yenza uJosefu umququzeleli wabo.

5Ngabusuku buthile bakuba besentolongweni ithutyana, injoli yaba nephupha, kwanaye nombhaki waba nelakhe iphupha. Amaphupha abo ayethetha izinto ngezinto.

6Akufika kubo uJosefu ngentsasa, wababona bematshekile.

7Ubuze wathi: “Kutheni ingathi nikhathazekile nje namhlanje?”

8Bathe bona: “Sibe namaphupha phezolo, yaye akukho namnye umntu apha okwaziyo ukuwachaza into ayithethayo.” “NguThixo otyhila inkcazelo yamaphupha,” utshilo uJosefu. Watsho esithi: “Ndilawuleleni amaphupha enu.”

9Kuqale injoli, yathi: “Mna ndiphuphe kukho umdiliya ngaphambi kwam,

10unamasebe amathathu. Kuthe nje kuvele amagqabi, kwantshula iintyatyambo, neediliya zavuthwa.

11Bendiphethe indebe kakumkani, ndazikha iidiliya ezo, ndazikhamela endebeni, ndazinika ukumkani.”

12Uthe uJosefu: “Nantsi into ethethwa leli phupha lakho: Amasebe amathathu ziintsuku ezintathu.

13Ngeentsuku ezintathu ukumkani uza kukukhulula, akuxolele, akubuyisele emsebenzini wakho. Uza kubuya ube yinjoli yendebe yakhe njengoko ubuyiyo ngaphambili.

14Uzuncede ke kodwa, ungandilibali xa izinto sezikulungele, uncede uthethe ngam kukumkani, ndikhululwe kule ntolongo.

15Ikakade mna ndebiwa kwilizwe lamaHebhere, ukanti nalapha eJiputa akukho nto ndiyenzileyo ibinokundingenisa entolongweni.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Uthe naye umbhaki wezonka, akubona ukuba into iphupha lenjoli
eliyithethayo iyanandipheka, naye walilawula kuJosefu iphupha lakhe, esithi:
“Mna, kwelam iphupha bendithwele ngentloko iibhaskiti ezintathu.

17Kwephezulu ibhaskiti bekukho zonke iindidi zokutya kukakumkani
okwenziwa ngumbhaki, kwafika iintaka zakuxhola.”

18UJosefu uthe: “Nantsi into ethethwa liphupha lakho: Iibhaskiti ezintathu
zithetha iintsuku ezintathu.

19Ukumkani uza kukukhulula ngeentsuku ezintathu, kodwa uza kunqunyulwa
intloko, uze uxhonywe esibondeni, zize iintaka zikuxhole.”

20Ngomhla wokukhunjulwa kokuzalwa kukakumkani, ngemva kweentsuku
ezintathu ukususela koku, ukumkani wenzela iindedeba zasebhotwe itheko.
Wayikhulula injoli nombhaki, beziswa phambi kwezo ndedeba.

21Injoli yabuyiselwa kumsebenzi wayo ebikade iwenza,

22kodwa yena umbhaki wanqunyulwa intloko. Kwaba njengokutsho
kukaJosefu.

23Kodwa injoli yamlibala kwaphela uJosefu.

Eyeziqalo 41

UJosefu uchaza iphupha likakumkani

1Kwadlula iminyaka yamibini, ukumkani waseJiputa waphupha emi
ngakumlambo iNayile,

2apho kwathi gqi iimazi zeenkomo ezityebileyo ezisixhenxe, ziphuma
emlanjeni, zigramza apho phezu komlambo.

3Kuthe thu ezinye iimazi ezinqinileyo, ezikwasisixhenxe. Zafika zema
ngakwezo zaziphezu komlambo.

4Zaza ezo mazi zinqinileyo zazithi bimbilili ezo zityebileyo. Kwesi sithuba
waphaphama ukumkani.

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Uphinde walala, wabuya waphupha kwakhona. Ubone izikhwebu ezisixhenxe zengqolowa, zizihle, zivuthiwe, zikhula kwisikhondo esinye.

6Kusuke kwantshula ezinye izikhwebu zengqolowa. Ezo zazintshwenyile, zimbatshiswe lulophu lwasempumalanga.

7Ezo zikhwebu zazintshwenyile zazithi bimbilili eziya zihle izikhwebu. Uphaphamile ukumkani, waza waziqonda ukuba ubephupha.

8Kwasa ekhathazekile yile nto, waza wathi makubizwe zonke izanuse noosiyazi baseJiputa. Wabalawulela amaphupha akhe, kodwa bonke batsho phantsi, ababi nako ukuwachaza.

9Kuvele injoli, yathi kukumkani: “Mandiyivume namhla into yokuba ndenze impazamo.

10Ngokuya wawukhathazekile ngenxa yam nombhaki, wasivalela entolongweni emzini womphathi-balindi bebhotwe,

11kwathi ngabusuku buthile saphupha. Elowo waba nelakhe iphupha, engathethi nto inye loo maphupha.

12Apho kwakukho umfana womHebhere, evalelwe nathi, engumququzeleli womphathi-balindi. Sathi sakumlawulela wasichazela sobabini amaphupha ethu.

13Kwenzeka kanye njengoko wayetshilo: mna ndabuyiselwa emsebenzini wam, waxhonywa yena umbhaki.”

14Ukumkani wathi makabizwe uJosefu, waza ngoko nangoko wakhululwa entolongweni. Akuba etshevile, wanxiba kakuhle, wasiwa kukumkani.

15Waza wathi ukumkani kuJosefu: “Ndinephupha ekungekho bani ube nako ukulichaza. Ke ndivile ukuba uyakwazi ukuchaza amaphupha.”

16UJosefu uphendule ngelithi: “Mhlekazi, andikwazi kuchaza maphupha, koko nguThixo oya kuchazela ukumkani iphupha lakhe.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Ulilawule ke iphupha lakhe ukumkani wenjenje: “Ndiphuphe ndimi phezu komlambo iNayile.

18Ndabona kuvela iimazi zeenkomo ezisixhenxe ezityebileyo emlanjeni apho, zigramza.

19Kuvele esinye isixhenxe seemazi ezinqinileyo. Zaziyeyona migqutsuba ndakha ndayibona kwelaseJiputa.

20Loo migqutsuba ke yazithi bimbilili ezo mazi zityebileyo.

21Kambe ke ayikhange ibonakale loo nto, kuba zasala ziyiloo migqutsuba kwanjengangaphambili. Ndaphaphama ke.

22Emva koko ke ndibuye ndaphupha ndibona izikhwebu ezisixhenxe ezihle zengqolowa, zintshula sikhondweni sinye.

23Kuphinde kwantshula nezinye ezisixhenxe izikhwebu zizibi ngathi zitshazwe lulophu lwasempumalanga,

24zazithi ginyi-ginyi eziya zikhwebu zihle. Ndiwalawule la maphupha kwizanuse zalapha, kodwa akwabikho namnye unokundichazela.”

25Uthe ukuphendula uJosefu: “Omabini la maphupha athetha into enye, mhlekazi. UThixo ebekuxelela into aza kuyenza.

26Iimazi ezityebileyo ezisixhenxe yiminyaka esixhenxe, ukanti nezikhwebu ezihle ezisixhenxe zikwayiminyaka esixhenxe. Athetha into enye omabini la maphupha.

27Zona iimazi ezisixhenxe ezinqinileyo, ezivele mva, kwakunye nezikhwebu ezisixhenxe ezibi, ezitshaziswe lulophu lwasempumalanga, yiminyaka esixhenxe yendlala.

28Kunjengokuba besenditshilo, mhlekazi, uThixo ubekuxelela into aza kuyenza.

29Kuza kubakho iminyaka esixhenxe yendyebo kulo lonke elaseJiputa,

© 1996 Bible Society of South Africa.

30emva koko kubekho iminyaka esixhenxe yendlala; yaye yonke loo minyaka
yendyebo iya kuba ngathi ayizange yabakho ngenxa yendlala eya kuligqiba
lonke ilizwe.

31Koba ngathi akuzange kubekho ntlutha, kuba indlala eyolandela yoba
yeyoyikekayo.

32Ukuphinda-phindwa kwephupha lakho kuthetha ukuthi uThixo selesenzile
isigqibo, yaye uselembovu ukuyenza le nto.

33“Ngoko ke, mhlekazi, khetha indoda elumkileyo, enamava, uyenze
umphathiswa kweli lizwe.

34Kufuneka utyumbe nabanye abaphathi abaza kugcina isihlanu sesivuno kule
minyaka isixhenxe yendyebo.

35Kufuneka bakuqokelele ukutya kule minyaka izayo yendyebo, babe
negunya lokuvula oovimba ezixekweni, kugcinwe apho.

36Kukutya okugciniweyo kaloku okuya kondla abantu kwiminyaka yendlala
eya kulandela kweli laseJiputa. Ngale ndlela ke abasayi kulamba abantu.”

UJosefu ngumphathiswa waseJiputa

37Ukumkani namaphakathi akhe balivuma eli cebo likaJosefu,

38watsho esithi kubo: “Ngaba singafumana ndoda yimbi ngaphandle
koJosefu, umfo owambathiswe ngoMoya kaThixo?”

39Ubhekise kuJosefu ke ukumkani, wathi: “Nguwe oyiboniswe nguThixo le
nto yonke. Kucacile ke ukuba asinakubuya sifumane mntu wumbi
onobulumko namava, ingenguwe.

40Ndiza kwenza wena ube ngumphathiswa elizweni lam. Bonke abantu bam
baya kuthobela wena. Igunya lakho liya kuba ngaphantsi kwelam qha.

41Ngoko ke ndithi ungumphathiswa kulo lonke elaseJiputa.”

42Watsho ukumkani wakhulula emnweni wakhe umsesane owawukrwelwe
uphawu lokumkani, wawufaka emnweni kaJosefu. Wamthi wambu

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ngomnweba owenziwe ngelinen entle, watsho emgaxela entanyeni ngesidanga esenziwe ngegolide.

43Wamnika enye yeenqwelo zakhe ukuba ajikeleze ngayo njengesekela likakumkani. Wamnika namaphakathi okuhamba emgabulela izigcawu endleleni esithi: “Shenxani nikhahlele!” Wamiselwa ke uJosefu, waba ngumphathiswa waseJiputa.

44Wathi ukumkani kuye: “Ukumkani ndim, ndithi ke akukho bani kulo lonke elaseJiputa oya kwenza nto engakhululelwanga nguwe.”

45-46Watsho ke ethiya uJosefu igama abizwa ngalo eJiputa elinguZafenati-paneya, wamzekela nomfazi, uAsenati intombi kaPotifare umbingeleli waseOni. Ukuqala kwakhe ukungena kwakumkani waseJiputa wayemashumi mathathu ubudala uJosefu. Wemka ebhotwe, walijikeleza lonke elaseJiputa.

47Ngale minyaka isixhenxe yendyebo saba sikhulu kakhulu isivuno.

48Wasivalela koovimba isivuno uJosefu kuzo zonke iidolophu. Kwidolophu nganye wayeqokelela ukutya okuvunwe kumasimi alapho.

49Ingqolowa yayiyintaphane kangangokuba wada wayeka ukuyiveyisha uJosefu. Yayingangentlabathi ukuba ninzi kwayo.

50UAsenati intombi kaPotifera, umbingeleli waseOni, wazalela uJosefu oonyana ababini ngaphambi kwendlala.

51Unyana olizibulo wathi igama lakhe nguManase, kuba esithi: “UThixo undiphumzile ndatsho ndazilibala iinkxwaleko zam, andawakhumbula namawethu.”

52Owesibini unyana wathi nguEfrayim, kuba esithi: “UThixo undiphe inzala kwilizwe endihlupheke kulo.”

53Yaphela ke yona iminyaka yendyebo eJiputa,

54yagaleleka iminyaka yendlala, kanye njengoko wayetshilo uJosefu. Kwalanjwa kuwo onke amanye amazwe, kodwa kulo lonke elaseJiputa kwakukho intlutha.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

55Athe akulamba amaJiputa, aya kuzicelela ukutya kukumkani. Wathi ke yena makaye kuJosefu, aze enze loo nto awayalela yona.

56Yakhula indlala, yaligqiba lonke elaseJiputa. Wabavula ke oovimba uJosefu, wawathengisela ingqolowa amaJiputa.

57Babevela ngeenkalo zonke abantu elizweni, beze kuthenga ingqolowa kuJosefu, kuba indlala yayiligqugqisile lonke.

Eyeziqalo 42

Abantakwabo-Josefu baya kuthenga ingqolowa eJiputa

1UYakobi akuva ukuba iyafumaneka ingqolowa eJiputa, uthe koonyana bakhe: “Kutheni ninyabile nje?

2Ndivile mna ukuba iyafumaneka eJiputa ingqolowa. Yiyani kuyithenga khona, singafi yindlala.”

3Banduluka ke abakhuluwa bakaJosefu abalishumi ukuya kuthenga ingqolowa eJiputa.

4Kodwa uYakobi akazange amthume kunye nabo uBhenjamin umninawa kaJosefu, kuba esoyika hleze ahlelwe yinto.

5Oonyana bakaSirayeli bagaleleka kunye nabanye abathengi, kuba kwakukho indlala kulo lonke eKanana.

6UJosefu, umphathiswa waseJiputa, wayethengisela abantu beendawo ngeendawo ingqolowa. Bafika ke nabantakwabo, bakhahlela bequbuda ngobuso emhlabeni.

7Wathi akubabona abantakwabo uJosefu, wabanakana kwangoko, kodwa wazenza ongabaziyo. Wababuza rhabaxa wathi: “Nivela phi?” Bona bathi: “Sivela eKanana. Size kuthenga ukutya.”

8Ngalo lonke eli xesha uJosefu wayebazi abantakwabo, kodwa bona babengamazi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

9Wakhumbula nalaa maphupha wayewaphupha ngabo,wathi kubo: “Nina niziimpimpi! Nizele nje ukuza kuhlola iindawo ezibuthathaka kwilizwe lethu.”

10Bathe bona: “Hayi, nkosi, thina sizizicaka zakho nje ezize kuthenga ukutya.

11Singoonyana bomntu omnye sonke. Asizizo konke iimpimpi, mhlekazi. Singamadoda anyanisekileyo.”

12Uthe uJosefu: “Hayi bo, andivumi! Ndithi kuni nina nize kuhlola eli lizwe lethu.”

13Bathe bona: “Mhlekazi, thina kutata singamadoda alishumi linambini. Simi kwilizwe laseKanana. Omnye umntakwethu akasekho; untondo yena usele nexhego ekhaya.”

14“Benditshilo, niziimpimpi nina!” utshilo uJosefu.

15“Niyabona ke, ndiza kunivavanya ngolu hlobo: ndifung' ukumkani, anisayi kube nimke apha kude kuze loo mninawa wenu.

16Omnye wenu uza kuya kumphuthuma. Bonke abanye aba baza kuvalelwa elugcinweni, kude kuvele inyaniso yale nto niyithethayo. Ndifung' ukumkani, mna ndithi niziimpimpi nina.”

17Uthe ke mabavalelwe entolongweni iintsuku ezintathu.

18Ngolwesithathu usuku uJosefu wathi kubo: “Ndingumntu omoyikayo uThixo. Ke ndiza kunisindisa, kodwa phantsi kwalo mqathango:

19Ukuze ndiqonde ukuba ninyanisile omnye wenu uza kuhlala apha kule ntolongo benigcinwe kuyo, abanye bona bagoduke nengqolowa le niyithengileyo, bayise kuloo mawenu alambileyo.

20Kodwa kufuneka nimzise apha kum loo mninawa wenu yena. Loo nto iya kundibonisa ukuba beninyanisile, ndinganibulali ke.” Bavuma,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21kambe bethetha bodwa besithi: “Kunje-nje-nje kungenxa yento esayenza kumninawa wethu uJosefu. Asizange simhoye esibongoza ukuba simncede kwimbandezelo awayekuyo. Yiyo loo nto nathi sibandezelekile nje.”

22Uthe uRubhen: “Ndandingatshongo kuni ukuba ningayenzakalisi laa ntwana? Ke nina aneva. Nasi ke ngoku isiphumo: igazi lakhe liyathetha.”

23UJosefu wayeyiva into ababeyithetha, nto nje bona babengayazi loo nto, kuba yena wayethetha nabo ngetoliki.

24Wee guqugu uJosefu, wakha walila. Uthe akuba nako ukuthetha kwakhona, walatha uSimon, wathi makabotshwe bejongile.

Abakhuluwa bakaJosefu babuyela eKanana

25Wathi uJosefu mazizaliswe ngengqolowa iingxowa zabantakwabo, kufakwe nemali yomntu ngamnye engxoweni yakhe, banikwe nomphako wendlela. Yenziwa yonke loo nto.

26Abakhuluwa bakhe bazilayisha ezimbongolweni iingxowa zabo, banduluka.

27Kwindawo ababekhulule kuyo ukuchitha ubusuku, omnye kubo wayivula ingxowa yakhe, eza kupha idonki yakhe ukutya, wafika imali ibekwe ngaphezulu.

28Ubhekise kubantakwabo wathi: “Imali yam ibuyisiwe; nantsi engxoweni!” Bothuka kakhulu, bangcangcazela, bathi: “Yintoni le uThixo asenza yona!”

29Bakufika kuyise eKanana, bambalisela konke okwabehlelayo, besithi:

30“Laa mphathiswa waseJiputa wathetha rhabaxa nathi, esithi siziimpimpi ezaziye kuhlola ilizwe labo.

31Samphedula sathi: ‘Asizizo konke iimpimpi, koko singamadoda anyanisekileyo.

32Singoonyana bomntu omnye abalishumi elinambini bebonke. Nto nje omnye akasekho; yena untondo usele noyise eKanana.’ ”

© 1996 Bible Society of South Africa.

33Baqokela bathi kuyise: “Yathi loo ndoda iphetheyo ukuphendula: ‘Ukuze ndiqonde ukunyaniseka kwenu, makasale abe mnye, bagoduke abanye, baphathele amawenu alambayo ukutya.

34Kodwa ze nize nomninawa wenu kum. Nantso ke into eya kwenza ndiqonde ukuba ngenene anizizo iimpimpi. Ndomkhulula umntakwenu, nani namkeleke kweli lizwe.’ ”

35Bathi bakuzivula iingxowa zabo, bonke ngabanye bafumana kukho imali ezingxoweni. Bothuka, noyise wothuka.

36Wathi kubo uYakobi: “Kutheni ngathi nifuna ndilahlekelwe ngabantwana bam bonke nje? Waya ngaphi uJosefu; ephi yena uSimon? Ngoku nifuna uBhenjamin! Kuyo yonke loo nto ndim obulalekayo.”

37URubhen uthe kuyise: “Ukuba andibuyanga noBhenjamin, uze ubabulale bobabini oonyana bam. Myeke ahambe nam; ndiza kubuya naye.”

38Wala uYakobi, esithi: “Hayi, akanako ukuhamba nani umntwanam. Umntakwabo wasweleka; selinguye yedwa ngoku oseleyo. Usenokuhlelwa yinto endleleni. Noko sendaluphele ngoku; ingandibulala loo nto.”

Eyeziqalo 43

Abakhuluwa bakaJosefu babuyela eJiputa behamba noBhenjamin

1Yathath' unyawo yona indlala eKanana.

2Kuthe kwakuba kuphele ingqolowa kwaYakobi eyayize noonyana bakhe eJiputa, wathi kubo uyise: “Buyani niye kusithengela into etyiwayo.”

3UJuda wathi: “Laa mfo wasinqonqozisa, esithi akafuni nokusibona oku ukuba asizanga naye uBhenjamin.

4Asikuya kuthenga kutya thina singahambi naye uBhenjamin.

5Ukuba ke uyala, nathi asiyi kuya, kuba laa mfo walitsolisa, wathi singaze sivele phambi kwakhe singahambi noBhenjamin.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

6USirayeli wathi: “Nindenzele ntoni into embi kangaka ngokuxelela laa mfo
ukuba ninomnye umninawa?”

7Bathi: “Laa mfo wayesibuza, esigocagoca ngekhaya lethu, efuna ukwazi
ukuba ubawo usaphila na, nokuba ngaba sinaye na omnye umntakwethu.
Saza ke thina sayiphendula le mibuzo. Besiya kwazi njani ukuba wayeza
kuthi makuziwe noBhenjamin?”

8UJuda wathi kuyise uSirayeli: “Yithi mayihambe nam le nkwenkwe,
sinduluke kwangoku, siye kuthenga ukutya, ukuze thina neentsapho zethu
singafi yindlala.

9Ukuba kukho nto yenzeka kuyo woyibuza apha kum. Ukuba andibuyanga
nayo isaphila, ndiya kuthwala ityala bonke ubomi bam.

10Ukuba besingalibazisanga kangaka ngesiye sabuya, nditsho sada saphinda
okwesibini.”

11Uyise wathi kubo: “Xa kunjalo ke kulungile, phathani ezona ziphambili
izinto ezivela kulo mhlaba, nise kumphathiswa lowo. Thathani intwana
yentlaka yokuqhola, ubusi, intlaka emhlope, amakha, neembotyi zepistako,
kunye neeamangile.

12Ze niphathe nemali ngokuphindiweyo, kuba kufuneka niyibuyisele leya
beniyifumene ezingxoweni zenu. Mhlawumbi yayifakwe ngempazamo.

13Hambani naye ke umntakwenu, niye kuloo ndoda.

14Wanga uThixo uSomandla angayenza mhlophe indlela yenu, ize loo ndoda
inenzele inceba, imbuyisele kuni uBhenjamin nalaa mntakwenu useleyo.
Ukuba mna kufuneka ndilahlekelwe ngabantwana bam, kulungile.”

15Bazithatha ke izipho oonyana bakhe kunye nemali eyaneleyo, bahamba
baya eJiputa kunye noBhenjamin. Bafika bazazisa kuJosefu.

16UJosefu akubabona behamba noBhenjamin, wathi kwisicaka esiyintloko:
“La madoda wase endlwini yam. Uze uxhele nokuxhela, khon' ukuze batye
nam isidlo sasemini.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Senjenjalo ke isicaka ngokomyalelo kaJosefu.

18Ngeli xesha basiwa endlwini babesoyika, besithi: “Sibanjwa ngenxa yemali eyayifakwe ezingxoweni zethu. Uza kusihlasela, asibambe, sibe ngamakhoboka, athimbe needonki zethu.”

19Bathe ke, xa besesemnyango, babhekisa kwisicaka esiphetheyo, bathi:

20“Mhlekazi, bekhe seza kuthenga ukutya apha.

21Sithe sakumisa ngokuhlwa endleleni egodukayo, safumana loo mali besithenge ngayo isesezingxoweni zethu ngaphezulu. Size nayo ke loo mali.

22Siphethe nenye imali yokuthenga ukutya. Asazi ukuba yafakwa ngubani le mali ezingxoweni zethu.”

23“Khululekani, ningoyiki,” sitshilo isicaka. “Kunokuba loo mali yinyhweba evela kuThixo wenu, uThixo kayihlo. Mna ndayifumana intlawulo yenu.” Saza sakhupha uSimon, samzisa kubo.

24Sabangenisa endlwini kaJosefu isicaka. Sabanika amanzi, bahlamba iinyawo. Sapha needonki zabo into etyiwayo.

25Balungiselela ukunika uJosefu izipho ukufika kwakhe ngexesha lesidlo sasemini, kuba babesebexelelwe ukuba uza kutya kunye nabo.

26Akufika basa kuye izipho, bakhahlela, bawa ngobuso emhlabeni.

27Wababuza impilo, waza wathi: “Linjani na ixhego uyihlo enanindixelele ngaye? Usaphila na?”

28Bathi bona: “Mhlekazi, ubawo isicaka sakho, usaphila.” Batsho baguqa bezithoba phambi kwakhe.

29UJosefu uthe akubona uBhenjamin umninawa wakhe: “Ngulo mninawa wenu ke lo benithetha ngaye? Lwanga ufefe lukaThixo lunganawe, mfo wam.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

30UJosefu, esikwa yimfesane kukubona umninawa wakhe, ukhawuleze waphuma, waya kungena egumbini lakhe, kuba wayeseleza kulila. Wafika apho wakhe wagixa.

31Akuba ebuhlambile ubuso, ubuyile, wazibamba, wathi makuphakwe.

32Wayetyela etafileni yakhe yedwa, bona abantakwabo bekweyabo bodwa. NamaJiputa awayelapho ayesitya odwa, kuba kwakungekho sikweni ukutya kunye namaHebhere.

33Oonyana bakaYakobi babehleli kwitafile ejongene nekaJosefu, bebekwe ngokuzana kwabo. Bathe bakuyibona indlela ababekwe ngayo etafileni, bajongana bethe manga.

34Babesitya ukutya okuvela etafileni kaJosefu. UBhenjamin yena waphiwa kakhulu kunabanye, ephindwe kahlanu. Batya ke, basela kunye noJosefu, bada bamnandi.

Eyeziqalo 44

Ukulahleka kwendebe

1UJosefu wathi kwisicaka esiyintloko emzini wakhe: “Zalisa ezi ngxowa zala madoda zithi ntli, uze ufake nemali yomntu ngamnye engxoweni yakhe,

2ufake nendebe yam yesiliva ngaphezulu engxoweni yomninawa wabo, kwakunye nemali yengqolowa.” Senjenjalo isicaka.

3Kwangentseni wabakhulula abantakwabo, bangena endleleni egodukayo, beqhuba iidonki zabo.

4Kwathi besekude kufuphi nedolophu, wathi uJosefu kwisicaka sakhe: “Khawuleza usukele laa madoda, uthi: ‘Kutheni nibuyisa ubuhle ngobubi?

5Niyibele ntoni indebe yesiliva yenkosi yam? Yile kanye isela ngayo, ikwayile ivumisa ngayo. Ilihlazo le nto niyenzileyo.’ ”

6Siwathethile ke la mazwi isicaka sakufika kubo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Bathe bona: “Ungathini, mhlekazi, ukuthetha ngolu hlobo? Asikhange siyenze into enjalo konke-konke.

8Uyazi nawe ukuba nemali esayifumana ezingxoweni zethu ekhaya siyibuyisele kwakuwe. Singathini ke ngoku ukûba isiliva okanye igolide yenkosi yakho?

9Ukuba kukho onayo apha kuthi makabulawe, baze abanye babanjwe babe ngamakhoboka.”

10Sithe isicaka: “Ewe, kulungile, kodwa ngulo ifunyenwe kuye qha oya kubanjwa abe likhoboka; bonke abanye bangakhululeka.”

11Bazithule kwangoko iingxowa zabo, bazibeka phantsi, elowo wavula eyakhe.

12Sakhangelisisa isicaka sikaJosefu, siqala komkhlu sada saya kutsho koyena mncinane. Loo ndebe yafunyanwa engxoweni kaBhenjamin.

13Baba lusizi kakhulu abantakwabo, batsho bakrazula nezambatho zabo, bayilayisha kwakhona imithwalo yabo, babuyela edolophini.

14Ukufika kwabo ooJuda nabantakwabo, bafika esesekhaya uJosefu. Bafika bakhahlela,

15wathi kubo uJosefu: “Niyenzeleni le nto? Beningazi kakade ukuba umntu okwesi sikhundla ndikuso uyakwazi ukuvumisa?”

16UJuda uthe: “Singathini kuwe, mhlekazi, ukukubonisa ukuba asazani nale nto? Singathini ukuzihlamba? NguThixo olaziyo ityala lethu. Thina sonke ngoku singamabanjwa, asinguye kuphela lo ifunyenwe kuye indebe yakho.”

17Uthe uJosefu: “Unongekhe; andiyivumi loo nto! Kuza kubanjwa lo ifunyenwe kuye indebe yam qha. Bonke abanye bangagoduka ngoxolo, babuyele kuyise.”

UJuda ucengela uBhenjamin

18UJuda wasondela kuJosefu, wafika wathi: “Ngxe, mhlekazi! Ndivumele ndithethe, nakuba ungangokumkani ngokwakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Wasibuza, mhlekazi, ukuba ngaba ubawo usaphila na, nokuba ngaba sinaye na umntakwethu ongomnye.

20Sathi ubawo usadla amazimba, phofu selaluphele. Satsho nokuthi sinaye nomninawa ovele selemdala ubawo. Umkhuluwa wale ntwana akasekho; yiyo yodwa ke ngoko esaphilayo kubantwana bakanina. Uyise uyithanda kakhulu.

21Wathi ke, mhlekazi, ze size nayo le ntwana khon' ukuze uyibone.

22Sathi thina ayinako ukwahlukana noyise; angafa.

23Wathi ke wena thina zicaka zakho ze singezi apha singahambi nale ntwana.

24“Sathi sakufika kubawo samxelela konke owakuthethayo.

25Ubawo ubuye wasithuma ukuba siphinde size kufuna into etyiwayo.

26Samxelela sathi asinakuza apha, singenakwamkelwa, singezanga nayo le ntwana. Besingeza apha kuphela xa ngaba siza nayo.

27Wathi ubawo: ‘Niyazi ukuba umkam uRakeli wandizalela oonyana ababini kuphela.

28Omnye unyana akasekho; kunokuba waqwengwa zizilwanyana, kuba akazange abonwe oko wemkayo.

29Xa ke nifuna ukuhamba naye nalo, aze angabuyi, ingandixhela loo nto ngoku sendimdala.’

30-31“Ke ngoko, mhlekazi,” utshilo uJuda, “ukuba ndingabuyela ekhaya ingekho le ntwana, ubawo angafa zisuka nje xa aphawula ukuba ayikho. Akasenako ukwahlukana nale nkwenkwe. Selaluphele kangangokuba angafa.

32Ngaphezu koko ndafunga kubawo ndathi kungafa mna kunokuba kwenzeke into kule ntwana. Ndathi, ukuba andibuyanga nayo, ityala aze alibeke kum.

33Ke, mhlekazi, ndim oza kuhlala apha abe libanjwa endaweni yale ntwana. Yiyeke yona ibuyele ekhaya kunye nabakhuluwa bayo.

34Ndingathini ukubuyela ekhaya ngaphandle kwale ntwana? Andinako ukukubukela ukudandatheka kukabawo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Eyeziqalo 45

UJosefu uyazazisa kubantakwabo

1UJosefu akabanga saba nako ukuzibamba. Wathi izicaka zakhe maziphume.
Kwasala yena nabantakwabo. Wabaxelela ukuba ungubani na.

2Watsho ngesikhalo esaviwa ngamaJiputa, lwaza olo mingi-mingi lwaya
kutsho nakomkhulu.

3Wenjenje uJosefu ukuthetha nabantakwabo: “NdinguJosefu. Nithi ubawo
usaphila?” Bakukuva oko abantakwabo bothuka, ababi nako nokuthetha.

4Uthe uYosefu: “Sondelani.” Basondela, wathi: “Ndingumntakwenu uJosefu
enamthengisa eJiputa.

5Sanukukhathazeka okanye nizohlwaye ngenxa yokuba nandithengisa apha.
NguThixo owathi mandinandulele, ukuze kusinde abantu.

6Lo isengowesibini unyaka wendlala; kuseza eminye emihlanu, kungàlinywa,
kungàvunwa.

7NguThixo owathi mandize ngaphambi kwenu apha, ukuze nisinde ngale
ndlela imangalisayo, kusinde nenzala yenu ngangokuba ingako.

8Ayinini ke ngoko abandizisa apha, nguThixo. Nguye ondenze umphathiswa
kakumkani ophethe lonke eli lizwe nolawula iJiputa iphela.

9“Ngoku ke khawulezani niye kubawo, nithi ndithi, mna Josefu unyana
wakhe, uThixo undenze umlawuli weJiputa iphela. Makakhawuleze eze kum.

10Angema kulaa mmandla waseGoshen, apho aya kuba kufuphi nam. Makeze
nabantwana bakhe, abazukulwana, iigusha, iibhokhwe, iinkomo, konke
okwakhe.

11Ndombonelela elapho, kuba kusasele eminye iminyaka emihlanu yendlala,
yaye andifuni afe yindlala, yena nendlu yakhe, nento yonke anayo.”

12Uqhube wathi uJosefu: “Niyaqonda ke nonke ngoku ukuba ndinguJosefu,
nditsho nawe Bhenjamin.

© 1996 Bible Society of South Africa.

13Ze nimxelele ubawo ngamagunya endinawo apha eJiputa, nimbalisele ngayo yonke into eniyibonileyo. Nikhawuleze ke, nize naye apha.”

14Wawola uBhenjamin umntakwabo, walila, noBhenjamin walila emgonile.

15Esalila njalo wabagona abantakwabo, wabancamisa. Baqala ukuncokola naye ke abantakwabo emva koko.

16Zakuvakala komkhulu iindaba zokuba uJosefu ufikelwe ngabantakwabo, ukumkani namaphakathi bavuya.

17Wathi kuJosefu: “Xelela abantakwenu ukuba balayishe ukutya kwabo, baye eKanana,

18bafike apho baxelele uyihlo kunye neentsapho zenu ukuba bafudukele eJiputa. Ndobanika eyona ndawo ilungileyo kwelaseJiputa ukuba bahlale khona, babe nenxaxheba kwindyebo yalapha.”

19Wathi mabathathe neenqwelo zokufudusa iintsapho zabo, beze naye noyise.

20Watsho esithi: “Ze ningazixhamli ngezinto eziya kusala eKanana; niza kuzuza ezona zixabisekileyo apha eJiputa.”

21Benza njengoko babeyalelwe oonyana bakaSirayeli. Banikwa iinqwelo nguJosefu ngokomyalelo kakumkani, kwakunye nomphako.

22Elowo wamnika iimpahla ezintsha zokunxiba, kodwa yena uBhenjamin wamnika amakhulu amathathu eesiliva neempahla zaphindwa kahlanu kwezabanye.

23Wathumela uyise ishumi leedonki lithwele ezona mpahla zodidi zaseJiputa, neshumi leemazi zeedonki zithwele ingqolowa, izonka, nokunye ukutya komphako.

24Wabandulula abantakwabo, bemka. Wabayala esithi: “Ze ningalwi endleleni.”

25Banduluka eJiputa, baya kufika eKanana kuyise.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

26Bafika bathi: “UJosefu uyaphila! Nguye umphathiswa waseJiputa!” Wathi
nqa yiloo nto uYakobi, engakholwa.

27Bakumxelela konke okwathethwa nguJosefu, wazibona neenqwelo
awayezithumele, watsho wahlaziyeka emphefumlweni.

28USirayeli wathi: “Usaphila uJosefu umntwanam! Nantso nje qha into
endiyifunayo: mandiye kumbona ndingekafi.”

Eyeziqalo 46

UYakobi ufudukela eJiputa nomzi wakhe

1USirayeli wathatha konke okwakhe wahamba, waya kutsho eBheshebha,
apho wafika wenzela uThixo kayise uIsake idini.

2UThixo wathetha naye ngephupha wathi: “Yakobi!” Wasabela uYakobi
wathi: “Ndim lo!” Wenjenje uThixo ukuthetha naye:

3“Mna ndinguThixo kayihlo. Uzungoyiki ukuya eJiputa; kulapho inzala yakho
ndiya kuyenza isizwe esikhulu.

4Ndiya kuya nawe eJiputa, ndibuye ndiyibuyisele kwalapha inzala yakho.
UJosefu uya kukucima amehlo ukubhubha kwakho.”

5Wanduluka eBheshebha uYakobi. Yena, nabantwana boonyana bakhe, kunye
nabafazi babo, babekhwele kwiinqwelo ezazithunyelwe ngukumkani
waseJiputa.

6Baqhuba iinkomo zabo nako konke okwabo abakufumana eKanana,
bahamba nako, baya eJiputa. UYakobi wahamba nosapho lwakhe lonke:

7oonyana bakhe, abantwana babo, iintombi zakhe, kunye nabazukulwana
bakhe.

8Ngawo la amagama amaSirayeli, inzala kaYakobi, eyangenayo eJiputa kunye
naye.

9YayinguRubhen, izibulo, kunye noonyana bakhe: uHanoki, noPalu,
noHezeron, noKarmi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10USimon noonyana bakhe: uJemuweli noJamin, uOhadi noJakin noZoware,
kwakunye noShawule, owayezelwe ngumKananakazi.

11ULevi noonyana bakhe: uGershon noKohati kunye noMerari.

12UJuda kunye noonyana bakhe: uShela, noPerezi, noZera. Abanye oonyana
bakaJuda, uEre no-Onan, batsahabalala eKanana. UPerezi wanoonyana
abanguHezeron kunye noHamuli.

13UIsakare yena wangena noonyana bakhe: uTola, noPuwa, noYashubhi,
kunye noShimron.

14UZebhulon naye wangena noonyana bakhe: uZerede, noElon, kunye
noYaleli.

15Ngoonyana abazalwa nguLeya aba, kunye nodade wabo uDayina,
besesePadan-aram. Bebonke abantwana abangumlibo kaLeya
babengamashumi mathathu anantathu.

16UGadi naye wangena noonyana bakhe: uZefon noHagi noShuni, uEzebhon
noEri noArodi, kunye noAreli.

17UAshere wangena noonyana bakhe: uImna noIshwa, kunye noIshvi
noBheriya, kwakunye nodade wabo uSera. Oonyana bakaBheriya
yayinguHebhere kunye noMalekiyeli.

18Aba bantwana abalishumi linantandathu ngabomlibo kaZilipha, impelesi
kaLeya awayeyinikwe nguLabhan.

19URakeli umka-Yakobi wayezele oonyana ababini, uJosefu noBhenjamin.

20UJosefu eJiputa wayenoonyana ababini, uManase noEfrayim. Babezelwe
nguAsenati intombi kaPotifare umbingeleli waseOni.

21Oonyana bakaBhenjamin yayinguBhela noBhekere, uAshbhele noGera
noNaman, uEli noRoshe, uMupim noHupim kunye noArdi.

22Eli shumi linane ke ngumlibo kaRakeli.

23Wayekho noDan kunye nonyana wakhe uHushim;

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

24noNafetali kunye noonyana bakhe uJazeli noGuni, uYezere kunye noShilem.

25Aba basixhenxe ngumlibo kaBhiliya, impelesi kaRakeli awayinikwa nguyise uLabhan.

26Inani lenzala kaYakobi nqo elaya eJiputa ngamashumi mathandathu anantandathu, ngaphandle koomolokazana bakhe.

27UJosefu wayezele oonyana ababini eJiputa. Loo nto yenza amashumi asixhenxe abantu bomzi kaYakobi abaya eJiputa.

28UYakobi wathi uJuda makaye kuxelela uJosefu ukuba makabahlangabeze eGoshen. Bakuba befikile eGoshen,

29uJosefu wakhwela enqwelweni, waya kukhawulela uyise uSirayeli. Uthe akubona uyise, uJosefu waziphosa kuye, wamanga, walila ithuba elide.

30Uthe uSirayeli kuJosefu: “Nokuba ndingafa ngoku ndikubonile usaphila, kulungile.”

31UJosefu ubhekise kubantakwabo nakumawabo wathi: “Ndiza kukha ndiye kuxelela ukumkani ukuba ubawo nabantakwethu ababefudula beseKanana, bafikile,

32ndithi kuye: ‘Bangabathandi bemfuyo, yaye ke beze nayo yonke impahla yabo nako konke okwabo.’

33Ke nina xa nibizwe ngukumkani, wanibuza ngomsebenzi eniwenzayo,

34ze nithi: ‘Singamathanda-mfuyo kwasebuncinaneni bethu, kanye njengookhokho bethu.’ Ukuba nitshilo, ukumkani woniyeka nime eGoshen. Kaloku abantu abathanda imfuyo abazelwe nto apha eJiputa.”

Eyeziqalo 47

UJosefu wazisa amawabo kukumkani

© 1996 Bible Society of South Africa.

1UJosefu ke waya kumbikela ukumkani, wathi: “Ubawo ufikile; uze nabo bonke abantakwethu, evela eKanana. Uze nako konke okwakhe, yaye nanko elinde eGoshen.”

2UJosefu uthathe abahlanu kubakhuluwa bakhe, wabasa kukumkani.

3Ukumkani wababuza wathi: “Msebenzi mni na eniwenzayo?” Bathe bona: “Thina zicaka zakho singamathanda-mfuyo, mhlekazi, kanye njengookhokho bethu.”

4Baza bathi: “Imbangi yokufudukela kwethu eJiputa yimbalela eyatsho angumqwebedu amadlelo eKanana. Ngako oko izicaka zakho ziyacela ukuba uzivumele zime apha eGoshen.”

5Ukumkani ubhekise kuJosefu wathi: “Uyihlo nabantakwenu

6beseJiputa nje, bakowabo; bangahlala apho eGoshen, eyona ndawo inomhlaba otyebileyo. Ukuba kukho amadoda angamachule phakati kwenu, uzuwenze abelusi bemihlambi yam.”

7UJosefu ke weza noyise, wamazisa kukumkani, waza uYakobi wamthamsanqelisa ukumkani.

8Ukumkani wabuza wathi: “Umdala kangakanani na?”

9Uthe uYakobi: “Ubomi bam ndihamba-hamba kulo mhlaba bube yiminyaka elikhulu limashumi mathathu. Loo minyaka imbàlwa ibiyiminyaka enzima, engafaniyo neminyaka emininzi ababengabahambi ngayo kulo mhlaba ookhokho.”

10UYakobi ubuye wamthamsanqelisa ukumkani, waza ke wemka.

11UJosefu ke wabakhethela indawo etyebileyo ooyise nabantakwabo phaya ngakulaa dolophu iRamesi njengokutsho kukakumkani.

12Wabazisela ukutya uJosefu xa bebonke ngokwenani labantwana babo: uyise, abantakwabo, nayo yonke intsapho.

Indlala

© 1996 Bible Society of South Africa.

13Yaligqugqisa indlala, kwaphela ukutya, bafa yindlala abantu baseJiputa naseKanana.

14-15UJosefu wayeyiqokelela yonke imali ekwakuthengwa ngayo ingqolowa, ayise ebhotwe. Yaphela yonke imali eJiputa naseKanana. AmaJiputa ayesiya kuJosefu athi: “Siphe ukutya. Ungathini ukusiyeka sife yindlala, sibe singenayo nemali?”

16UJosefu wayesithi: “Yizani nemfuyo yenu, nananise ngayo xa imali yenu iphelile.”

17Babeyisa ke imfuyo yabo kuJosefu, aze yena abanike ingqolowa endaweni yamahashe, neegusha, neebokhwe, neenkomo, kunye needonki. Kuloo nyaka wabanceda ngokutya, bona besananisa ngayo yonke imfuyo yabo.

18Kunyaka olandelayo baya kuye bathi: “Sitsho phandle, mhlekazi, ukuthi imali yethu iphelile, nemfuyo yethu iphelele kuwe, yaye asinanto ngaphandle kweziqu zethu namasimi ethu.

19Singathini ukutshabalala ujongile, mhlekazi, thina namasimi ethu? Sananisa ngeziqu zethu namasimi ethu ukuze sifumane ukutya. Njalo ke thina namasimi ethu soba ngabakakumkani. Sinike ingqolowa ukuze sitye siphile, sibe nembewu yokuhlwayela.”

20UJosefu wawathenga ke onke amasimi aseJiputa aba ngakakumkani. UmJiputa wonke wathengisa ngentsimi yakhe ngenxa yendlala, aba ke ngakakumkani onke loo masimi abo.

21Bonke abemi baseJiputa wabenza izicaka uJosefu kulo lonke elo.

22Ngumhlaba wababingeleli kuphela angazange awuthenge. Bona kwakungekho mfuneko yokuba bawuthengise owabo umhlaba, kuba babefumana inkxaso eyaneleyo ngokommiselo kakumkani.

23UJosefu wathi ebantwini: “Ngoku ningabakakumkani, kuba ndinithengile kunye namasimi enu. Nantsi ke imbewu; yiyani kulima.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

24Ngexesha lokuvuna ze ninikele isihlanu sesivuno senu kukumkani.
Okuseleyo ze nikusebenzisele imbewu nokutya kokondla iintsapho zenu.”

25Bathe ke bona: “Mhlekazi, usincedile, wasisindisa ekufeni; siya
kumsebenzela ukumkani.”

26Wawisa umthetho uJosefu wokuba isihlanu sesivuno eJiputa sibe
sesikakumkani. Loo mthetho usekho unanamhla oku. Ngamasimi ababingeleli
angazange abe ngakakumkani.

UYakobi uyolela ngamathambo akhe

27AmaSirayeli ayemi eGoshen eJiputa. Apho aba nendyebo, anda kakhulu.

28Wahlala apho eJiputa uYakobi, wada wanekhulu linamashumi mane
anesixhenxe eminyaka, selegqibe ishumi linesixhenxe leminyaka eJiputa.

29Kuthe xa seleza kubhubha, uSirayeli wabiza uJosefu unyana wakhe, wathi
kuye: “Ukuba uyandithanda beka isandla sakho phantsi kwethanga lam
ufunge ukuba akusayi kundingcwabela eJiputa.

30Uze undithwale uye kundingcwabela apho bangcwatywe khona ookhokho
bam.” Wathi uJosefu: “Ndiya kwenjenjalo.”

31Wathi uSirayeli: “Funga.” Wafunga uJosefu, waza uSirayeli wanqula uThixo
ebambelele kumsimelelo wakhe.

Eyeziqalo 48

UYakobi uthamsanqelisa uEfrayim noManase

1Emva kwexesha uJosefu waxelelwa ukuba uyise wayengaphilanga. Uthathe
oonyana bakhe bobabini, uManase noEfrayim, waya nabo kuYakobi.

2Akuva uSirayeli ukuba unyana wakhe uJosefu wayeze kumbona,
wazomeleza wavuka wahlala emandlalweni.

3UYakobi ubalisele uJosefu wathi: “UThixo uSomandla wavela kum
ndiseLuzi kwilizwe laseKanana, wandithamsanqelisa.

4Wathi: ‘Ndiya kukupha inzala eninzi, ize loo nzala ibe zizizwe ngezizwe.
Ndokunika lo mhlaba, ube lilifa lenzala yakho naphakade.’ ”

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Uqokele wathi uYakobi: “Naba nyana bakho ke babini, Josefu, aba bazalelwe apha eJiputa ndingekafiki, ngabam. UEfrayim noManase ngoonyana bam ncam njengoRubhen noSimon.

6Xa uthe wazala nyana bambi, abo ke abayi kuba ngabam. Elabo ilifa bolizuza ngoManase noEfrayim.

7Le nto ndiyenza ngenxa kanyoko uRakeli. Ndaba buhlungu kakhulu ukubhubha kwakhe eKanana, kufuphi ne-Efrata, xa ndandivela ePadan. Ndamngcwaba apho ngakuloo ndlela iya e-Efrata.” (IEfrata yaziwa ngokuba yiBhetelehem.)

8Uthe uSirayeli akubona oonyana bakaJosefu: “Ngoobani la makhwenkwe?”

9Uthe kuyise uJosefu: “Aba ngoonyana bam, andiphe bona uThixo apha eJiputa.” Uthe yena: “Basondeze kum, ndibathamsanqelise.”

10USirayeli wayeselebona luzizi, kuba wayeselaluphele, engasaboni kakuhle ke ngoko. Wabasondeza ke uJosefu oonyana bakhe, uSirayeli wabanga.

11Uthe uYakobi kuJosefu: “Bendingasatsho ukuba ndingabuya ndikubone, kodwa uThixo wenze ukuba ndibone nabantwana bakho.”

12UJosefu ubasusile kuyise, waqubuda phambi koyise eqondele phantsi.

13UJosefu wambeka uEfrayim ngasekhohlo kuyise, waza uManase yena wambeka ngasekunene.

14Kodwa uSirayeli waziphambanisa izandla zakhe, wabeka isandla sakhe sokunene phezu koEfrayim, nakuba wayengomncinane yena; esokhohlo sona wasibeka kuManase, oyena wayengomkhulu.

15Wandula ke uSirayeli ukumthamsanqelisa uJosefu wenjenje: “Makawathamsanqelise la makhwenkwe uThixo ka-Abraham noIsake. UThixo ondaluse kwada kwayile mini, makawathamsanqelise.

16Ewe, osithunywa esandisindisa kuzo zonke iingozi makawathamsanqelise. Igama lam, nelika-Abraham noIsake, malihlale lihleli ngawo la makhwenkwe. Anga anganda achume ehlabathini.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Wakhathazeka uJosefu akubona uyise ebeka isandla sokunene kuEfrayim.
Waza wasisusa wasibeka phezu koManase.

18Watsho esithi: “Musukwenza loo nto, bawo. Nanku omkhulu; sibeke kuye
isandla sokunene.”

19Wala uyise, esithi: “Mfo wam, ndiyayazi loo nto. Nayo inzala kaManase iya
kuba sisizwe abaluleke. Kodwa ke yena umninawa wakhe uya kuba mkhulu
kunaye, ize yona eyakhe inzala ibe zizizwe ngezizwe.”

20Wabathamsanqelisa ke ngaloo mini, esithi: “Xa athamsanqelisa, amaSirayeli
aya kunqula athi: ‘Wanga uThixo angakwenza ufuze uEfrayim noManase.’ ”
Wenjenjalo ke uYakobi ukumisela uEfrayim abe ngaphezu koManase.

21Wandula wathi kuJosefu uSirayeli: “Uyabona ke, mna sendiza kufa, kodwa
uThixo uza kuba nani, anibuyisele kwilizwe lookhokho.

22IShekem, endayihlutha kuma-Amori ngekrele nangotolo, ndiyinika wena;
iya kumiwa nguwe, ingengabo abakhuluwa bakho.”

Eyeziqalo 49

Umyolelo kaYakobi

1UYakobi wabiza oonyana bakhe, wathi: “Sondelani ndinixelele ngekamva
lenu:

2“Ndingqongeni nibek' iindlebe, zinto zikaYakobi; mbekeleni iindlebe uyihlo
uSirayeli.

3“URubhen lizibulo lam; ndazibon' amandla ngaye; ubudoda bam
ndabuqonda ngaye. Ngoyena unamandla; ngoyena unewonga koonyana bam
bonke.

4Kambe ke akasayi kutshatshela. Yintw' efan' igqabhuke okomsinga wamanzi,
kuba yangena iqadi likayise, yasixabhel' isilili soyise.

5“USimon noLevi ngoonyongande kuzalana; zizibhoja ezixhel' abantu
ngezixhobo zazo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6Andiwangeni amayelenqe abo; andinanxaxheba kwigqugula labo. Kaloku
bagwint' abantu ngenxa yephuku; bangxwelerh' iinkomo ngenxa yemfeketho.

7Linelishw' iphuku labo, kuba liyankwantyisa; unelishw' umsindo wabo, kub'
ukhohlakele. Bona ndobabhacisa kulo lonke elakwaYakobi, babe ziintsalu
kwelakwaSirayeli.

8“UJuda yintw' edunyiswa ngamawayo; yintw' ezithe xhakamfu ngesixhanti
iintshaba zayo, intw' ekhahlelwayo ngabantakwayo.

9UJuda ndithi yintw' enga yingonyama, yintw' echwechwel' ixhoba, ibuy'
ibuthume esikhundleni sayo; buthuthu izolile, ingabe iphazanyiswe nto.

10NguJuda opheth' umsimbithi wokulawula. Uya kuhlala elawula njalo, ade
afike umniniwo, izizwe zikhahlele kuye ngentobeko.

11Sisinhanha esibhuqisa kungekavunwa, esindyebo ixhanyulwa naziidonki.
Nguhlamba ngewayini,

12intw' emehlo aligazi kukumfimfith' iwayini, le ntw' imazinyo amhlophe
zizapholo.

13“UZebhulon uye kuma phezu kolwandle; yintw' emanxweme azizikhululo
zeenqanawa; yintw' emhlaba uye kuthi xhaxhe ngeSidon.

14“UIsakare akayidluli nganto imbongolo; yint' ofik' ilele isoyiswa
yimithwalo.

15Kambe ke weva ukuba kumnandi ukubuthuma, nelizwe liyaphumza. Yintw'
egob' umqolo, ithwalisw' imithwalo, intw' enyanzelwa okwesicaka
emsebenzini.

16“UDan ngomnye wezindlu zikaSirayeli; nguye umgwebi wabantu bakhe.

17UDan yinyoka esecaleni lendlela; yinyoka enobuhlungu elalel' ukuluma
ihashe esithendeni, khon' ukuze umkhweli limphose phantsi.

18“ Ndikhoyo, ndilindele ukukhululwa nguwe!

19“UGadi yena uya kuhlaselwa liqela lezihange, kodwa wojika aziswantsulise.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

20“Umhlaba ka-Ashere uya kuchuma, uvelise ukutya okulungele nkqu neekumkani.

21“UNafetali yena lixhama lasendle; intw' ezala amaduna namathokazi.

22“UJosefu ngumdiliya omi ngasemthonjeni; intw' emaseb' afukufuku, aqabel' ezindongeni.

23Yintw' ehlaselwa ziintshaba zayo, ziyisukele ngeentolo nezaphetha.

24Kodwa olwakhe utolo alugungqi, neengalo zakhe zomelezwa ngamandla oThixo kaYakobi, yena malusi nomkhuseli kaSirayeli.

25NguThixo kayihlo okuncedayo; nguThixo uSomandla okuthamsanqelisayo ngeemvula zaphezulu, nangamanzi aphuma enzulwini ngaphantsi komhlaba. Nguye okuthamsanqelisa ngabantwana nangemfuyo.

26Amathamsanqa owanikwe nguyihlo aya kuqina kuneentaba ezisisimakade, achume kunendyebo yeenduli zaphakade. Konke oku makuwe phezu kwentloko kaYosefu, yena ukhethiweyo kubantakwabo.

27“UBhenjamin lithole lengcuka elinoburhalarhume. Kusasa uqwenga ixhoba; ngokuhlwa waba okuphangiweyo.”

28Zizo ke ezi izizwe ezilishumi elinambini zakwaSirayeli. Lo ke ngumyolelo kayise koonyana bakhe ngabanye.

Ukufa nokungcwatywa kukaYakobi

29UYakobi uqokele wathi ukuyolela: “Njengoko sendiza kuya kookhokho, nize nindingcwabe koobawo, kulaa mqolomba ukulaa ntsimi kaEfron umHeti,

30eMakapela ngasempumalanga yeMamre eKanana. Loo mqolomba wathengwa nguAbraham kuEfron ukuze kungcwatyelwe kuwo.

31Kulapho angcwatyelwe khona uAbraham kunye noSara umkakhe. Kulapho angcwatyelwe khona uIsake kunye noRabheka umkakhe. NoLeya ukwangcwatyelwe apho.

© 1996 Bible Society of South Africa.

32Loo ntsimi yathengwa kunye naloo mqolomba ukuyo kumaHeti. Nam ke nize nindingcwabele apho.”

33Akuwugqiba umyolelo wakhe uYakobi koonyana bakhe, wabuya wangqengqa, waphuma umphefumlo.

Eyeziqalo 50

1UJosefu waziphosa phezu koyise ekhala, wamanga.

2Emva koko wayalela oogqirha ukuba bawuqhole umzimba kayise, ukuze ungonakali. Benjenjalo ke, bamqhola uSirayeli,

3yaza loo nto yathatha amashumi amane eentsuku ukwenziwa. Kambe ke lixesha eliqhelekileyo laloo nto elo. AmaJiputa amzilela amashumi asixhenxe eentsuku uYakobi.

4Lakuba lidlule ilixa lenzila, uJosefu wanikela oomaqhuzu bakomkhulu umyalezo oya kukumkani.

5Wathi maze bathi kukumkani: “Xa wayeza kubhubha ubawo wayalela mna Josefu, endifungisa ukuba maze ndimngcwabe kwingcwaba awazilungiselela lona eKanana.” Wathi makancede ke ukumkani amvumele aye kungcwaba uyise, uya kubuya abuye.

6Ukumkani wathi kuJosefu: “Hamba uye kungcwaba uyihlo njengoko wawumthembisile ngesifungo.”

7Wahamba uJosefu ukuya kungcwaba uyise. Waphelekwa ngoomaqhuzu basebhotwe, amaphakathi, nabo bonke abantu abaphambili kubemi baseJiputa.

8Kwahamba usapho lwakhe, abantakwabo, kwakunye nomzi kayise wonke. Kwasala abantwana kuphela eGoshen kunye nemfuyo yabo.

9Kwakuziinqwelo zamahashe, kunye nabakhwele amahashe, isisihlwele.

10Bathi bakufika kwisanda sika-Atadi kufuphi neJordan, batsho ngesijwili esikrakra ithuba elide. Apho uJosefu wachitha iintsuku ezisixhenxe ezilile.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11Abantu baseKanana, bakubabona bezilile kwisanda sika-Atadi, bayincoma
inkqubo ezukileyo yenzila eyayisenziwa ngamaJiputa. Yiyo ke loo nto loo
ndawo kwathiwa igama layo yiAbheli-mizerayim.

12Benjenjalo ke oonyana bakaYakobi ukuthobela umyolelo kayise.

13Bawuthwala umzimba wakhe, bawusa eKanana, bafika bawungcwaba
kumqolomba owawuseMakapela, ngasempuma yeMamre, kulaa mhlaba
uAbraham wawuthenga kuEfron umHeti, ube yindawo yokungcwabela.

14Akuba emngcwabile uyise, uJosefu wabuyela eJiputa, kunye nabantakwabo
kwakunye naloo nginginya yayimkhaphile.

UJosefu uthomalalisa ixhala labantakwabo

15Emva kokubhubha kukayise abantakwabo-Josefu baphathwa lixhala lokuba
hleze kuthi kanti uJosefu usababambe isixhiba ngento embi abamenza yona.

16-17Bathumela isigidimi ke kuJosefu ukuba sise umlomo othi: “Ubawo wathi
ze sithi kuwe, Josefu, uze usixolele ngesenzo esakwenza sona. Sixolele ke
ngoko, thina zicaka zikaThixo kabawo.” Zehla iinyembezi kuJosefu akuwuva
loo mlomo.

18Bathi ke, abantakwabo beze buqu, bafika bakhahlela, bathi: “Thina
sizizicaka zakho.”

19Suka uJosefu wathi: “Musani ukuxhala, andingoThixo mna.

20Ewe, nanizimisele ukundenzakalisa, kodwa uThixo yena walijika elo
yelenqe labubuhle, khon' ukuze kusinde abantu abaninzi abaphilayo ngoku
ngenxa yeso senzo senu.”

21Watsho esithi: “Musani ukoyika, ndiza kunigcina nina kunye nabantwana
benu.” Wabathuthuzela ngamazwi atsho laphela ixhala.

Ukufa kukaJosefu

22UJosefu wahlala eJiputa kunye nosapho lukayise, wada wabhubha
enekhulu lineshumi leminyaka.

© 1996 Bible Society of South Africa.

23Wahlala wada wabona nabantwana bakaEfrayim kwakunye nabantwana babo. Wahlala wada nabantwana bakaMakire unyana kaManase wabangenisa baba yimilowo.

24Wayolela kubantakwabo uJosefu wathi: “Sendiza kubhubha, kodwa yena uThixo uza kunigcina ade anikhuphe kweli lizwe, anise kwilizwe awalithembisa oobawo uAbraham noIsake noYakobi.”

25Uthe ke uJosefu abantakwabo mabafunge, wathi: “Mhla uThixo wanisa kwelo lizwe, nize niwathathe amathambo am, nimke nawo.”

26UJosefu ke watshabela eJiputa enekhulu lineshumi leminyaka. Bawuqhola umzimba wakhe, bawufaka emkhumbini apho eJiputa.

© 1996 Bible Society of South Africa.

Eyemfuduko

Eyemfuduko 1

Impatheko-mbi yamaSirayeli eJiputa

1Nanga amagama oonyana bakaSirayeli abâfuduka kunye naye baya eJiputa
nezindlu zabo:

2uRubhen, uSimon, uLevi, noJuda;

3uIsakare, uZebhulon, noBhenjamin;

4uDan, uNafetali, uGadi, noAshere.

5Bebonke abayinzala kaYakobi babengamashumi asixhenxe. Kaloku yena
uJosefu wayeseleseJiputa kakade.

6Ekuhambeni kwexesha wafa uJosefu nabantakwabo, naso sonke eso
sizukulwana.

7Kambe ke yona inzala yabo, amaSirayeli, yaqhama yanda kakhulu. Ewe,
yanda yaphinda-phindana, yakhula nangamanani, futhi iluqilima, yada
yalizalisa elaseJiputa.

8Ke kaloku kwavela kumkani wumbi owayengazi nto ngoJosefu,
wangumlawuli kwelaseJiputa.

9Wabhekisa kubantu bakhe, wathi: “Niyawabona na ukwanda kwawo la
maSirayeli, niqonda na ukuba aluqilima?

10Ngoko ke masihlale sivundlile, hleze athi akwanda ngaphezu koku adibane
neentshaba zethu ngexesha lemfazwe, asihlasele, afumane ithuba lokubaleka
emke kweli lizwe.”

11Ngoko ke, ukuwaphul' iimpondo amaSirayeli, amaJiputa awamisela
iinduna, khon' ukuze asetyenziswe nzima. Zakhiwa ngolu hlobo ke izixeko
zokumkani, iPitom neRamesi, ezazingoovimba.

© 1996 Bible Society of South Africa.

12Kambe ke, okukhona bawatshutshisayo amaSirayeli, yaba kokukhona andayo, alizalisa lonke ilizwe. Le meko ke yawenza ahlala exhaleni elingathethekiyo amaJiputa ngenxa yamaSirayeli.

13-14Ngoku ke aphatheka kabuhlungu amaSirayeli, akhohlakalelwa, enziwa amakhoboka ngamaJiputa. Latsho laxubayela ke ngakumaSirayeli, kuba asetyenziswa ekwenzeni izitena, nasemasimini, nakuyo yonke imisebenzi enzima. Aye ke ebhexeshwa kungekho lusini tu!

15Ukumkani waseJiputa wathetha noShifra noPuwa ababelekisi bamaHebhere, wathi:

16“Xa ninceda amaHebherekazi, aze afumane abantwana abangamakhwenkwe, babulaleni; kanti ke ningabayeka abangamantombazana baphile.”

17Kodwa ke ababelekisi abo yayingabafazi abamoyikayo uThixo. Basuka bawaphula umyalelo kakumkani, àbawabulala amakhwenkwe lawo.

18Ukumkani ke wababiza ababelekisi abo, wababuza wathi: “Ngani ukuba nibayeke abantwana bamaHebhere abangamakhwenkwe ningababulali?”

19Ababelekisi baphendula bathi: “AmaHebherekazi akafani namaJiputakazi; wona akufikelwa yinimba abeleka lula, singekafiki nokufika thina.”

20-21Ngenxa yokuba ababelekisi bemoyika uThixo, uThixo wabavuza ngeentsapho. Ke wona amaSirayeli aya esanda ngokwanda, aba luqilima.

22Ekugqibeleni ke ukumkani wayalela bonke abantu bakhe wathi zonke iintsana ezingamakhwenkwe zamaHebhere maziphoswe emlanjeni iNayile, ke zona ezingamantombazana ziyekwe.

Eyemfuduko 2

Ukuzalwa kukaMosis

1Ke kaloku indoda ethile yendlu kaLevi yathatha umfazi ezintombini zamawayo,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

2waza wanzima wayizalela unyana. Umfazi lowo ke wathi akubona indlela olwaluthandeka ngayo olo sana, walufihla lwada lwaneenyanga ezintathu.

3Uthe akuba engasenako ukulufihla, walwenzela ibhaskiti ngemizi, waza wayityabeka ngetha, walufaka kuyo usana olo, waya kulubeka phakathi kweengcongolo elunxwemeni lomlambo.

4Ke yena udade walo wayemi mganyana elugcinile.

5Yesuka ke intombi kakumkani yeza kuhlamba apho emlanjeni. Ngeli thuba ke zona iintombi ezaziziimpelesi zenkosazana leyo zazizula-zula apho elunxwemeni lomlambo. Ithe ke, isahlamba njalo, yabona ibhaskiti eyayiphakathi kweengcongolo. Kwangoko yathuma enye yezo ntombi ukuba iye kuyithatha ize nayo.

6Ifikile ke nayo ibhaskiti leyo, inkosazana yayivula. Tyhini! Kuthe kanti lusana! Ngeli xesha ke usana lona lwalulila. Ithe ke yakuba ilondele usana olo inkosazana leyo, kwatsho kwasika kuyo, yathi: “Olu sana luya kuba ngomnye wabantwana bamaHebhere.”

7Udade bosana olo wadanduluka wabhekisa apho kwinkosazana wathi: “Akungethandi na ndiye kukufunela ineni phakathi kwabafazi bamaHebhere izokukugcinela olu sana?”

8Ithe ke inkosazana: “Kulungile; hamba uze nayo.” Ke yona intombazana leyo yaya kubiza unina wosana olo.

9Uthe ke akufika inkosazana yathetha naye yathi: “Ndigcinele olu sana; ndokunika isondlo.” Bavumelana ke; waza umfazi lowo wamkhulisa loo mntwana.

10Akuba ekhulile umntwana lowo, unina wambuyisela kwinkosazana apho, yaza ke yona yamenza unyana wayo. Yamthiya igama elinguMosis, kuba isithi: “Ndimonyule emanzini.”

UMosis ubalekela eMidiyan

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11UMosis uthe akuba mdala wakhe watyelela amawabo, wawabukela esebenza nzima eqhutywa. Kwangelo xesha wabona umJiputa elimaza umwabo umHebhere.

12Akuba elaqazile waqonda ukuba akukho mntu ubukeleyo, wahlasela umJiputa lowo, wambulala, waza wamngcwaba entlabathini.

13Ngemini elandelayo wabona amaHebhere amabini esilwa, waza wathi kulo uvuyelela omnye: “Kutheni na nisilwa, nizalana nje?”

14Ke yena wambuza wathi: “Sekungathi uyinduna nomgwebi nje, umiselwe ngubani? Ucinga ukuba ndingulaa mJiputa umbuleleyo – nam uza kundigebenga?” Akuweva la mazwi uMosis woyika, wathetha yedwa esithi: “Ithe kanti le nto iyaziwa!”

15-16Akuyiva le nto ukumkani watsho wafuna ukumbulala uMosis. Kambe ke yena uMosis wasaba, waya kuhlala kwelaseMidiyan. Ke kaloku umbingeleli waseMidiyan wayeneentombi ezisixhenxe. Ngenye imini wathi uMosis esahleli ngasequleni, zafika zize kuthutha amanzi, ziwagalela emikhumbini ezaziselela kuyo iigusha zikayise.

17Kusenjalo kwafika abanye abelusi, bazigxotha iintombi ezo, kodwa ke uMosis waba ngakuzo iintombi ezo, wazilungiselela zasela iigusha zakowazo.

18Zithe ke zakufika ekhaya iintombi ezo, uyise uRuweli wabuza wathi: “Kutheni nikhawuleze kangaka nje namhlanje?”

19Ke zona zaphendula zathi: “Kukho umJiputa osihlanguleyo kubelusi. Ude wasikhelela namanzi, waziseza iigusha zakuthi.”

20Kwakhona wabuza uyise wathi: “Uphi? Kungani na ukuba ningezi naye? Yizani naye, aze afumane into etyiwayo.”

21UMosis waba selehlala apho kwambingeleli, owada wendisela intombi yakhe uZipora kuye.

22Yona ke yazala unyana, waza uMosis wamthiya igama elinguGershom, esithi: “Ndiyimbacu kwelasemzini.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

23Emva kwexesha elide ukumkani waseJiputa wafa. AmaSirayeli ayesancwina phantsi kwedyokhwe yobukhoboka. Isimbonono sawo, ecela ukukhululwa ebukhobokeni, sada saya kufikelela kuThixo.

24Ewe, wasiva isingqala sawo, wawukhumbula umnqophiso wakhe noAbraham noIsake noYakobi.

25UThixo wayibona imeko yamaSirayeli, wawavelela.

Eyemfuduko 3

Ukubizwa kukaMosis nguThixo

1Ngoku ke uMosis wayesalusa imihlambi kaJetro umbingeleli waseMidiyan, uyise womkakhe. Wayikhokela ke imihlambi leyo, wanqumla entlango, wada waya kufika eHorebhe intaba kaThixo.

2Apha kulapho sabonakalayo kuye isithunywa sikaNdikhoyo etyholweni elidangazela umlilo. Uthe ke akuqwalasela uMosis wabona ukuba okunene ityholo liyavutha, kodwa alide litshe.

3Wathetha yedwa wathi: “Makhe ndisondele ndibone lo mhlola! Ngani ukuba ityholo lingatshi?”

4 UNdikhoyo wathi akubona ukuba uMosis uyasondela efuna ukuqonda lo mbono, wamkhwaza esetyholweni apho, wathi: “Mosis! Mosis!” Wasabela ke yena wathi: “Ewe, ndim lo.”

5UThixo wathi kuye: “Sukusondela; khulula iimbadada ezo, kuba le ndawo umi kuyo yindawo eyodwa.” Wandula wathi uThixo kuye:

6“Mna ndinguThixo wookhokho bakho; uThixo ka-Abraham, uThixo kaIsake, uThixo kaYakobi.” UMosis ke wabugquma ubuso bakhe, kuba esoyika ukujonga uThixo.

7Waqhuba ke uNdikhoyo wathi: “Ngenene ndiyibonile imbandezelo yabantu bam eJiputa. Ndisivile nesimbonono sabo ngenxa yâbo babatshutshisayo. Ewe, ndiyayiqonda intlungu yabo;

© 1996 Bible Society of South Africa.

8ngoku ke ndihlile ukuze ndibahlangule esandleni samaJiputa, ndibakhulule baphume kwelo lizwe, baye kwilizwe elihle eliphangaleleyo, eliphuphuma ubisi nobusi. Elo ke lelamaKanana, amaHiti, ama-Amori, amaPerezi, amaHivi, namaJebhusi.

9Kaloku isikhalo samaSirayeli side saza kufikelela kum, ibe ke ndiyibonile nengcinezelo aphantsi kwayo esandleni samaJiputa.

10Hamba ke; ndikuthuma kukumkani waseJiputa, ukuze ubakhokele baphume eJiputa abantu bam amaSirayeli."

11UMosis wathi kuThixo: "Kuxa ndingubani mna ukuba ndingade ndiye kukumkani ukuze ndikhuphe amaSirayeli eJiputa?"

12UThixo waphendula wathi: "Ndiya kuba nawe. Nanku umqondiso wokuba uthunywa ndim: mhla wabakhupha abo bantu eJiputa noza kundinqula mna Thixo apha kule ntaba."

13UMosis wabuza wathi: "Ukuba ndiyile ke kumaSirayeli, ndawaxelela ukuba ndithunywe kuwo nguThixo wookhokho bawo, aza wona andibuza ukuba ngubani igama lakhe, ze ndithini?"

14UThixo waphendula wathi: "Ndinguye uNdikhoyo. Uze uwaxelele amaSirayeli ukuba uthunywa nguNdikhoyo."

15UThixo waqhuba wathi: "Uze uthi kumaSirayeli: 'Ndithunywa nguNdikhoyo, uThixo wookhokho benu: uThixo ka-Abraham, uThixo kaIsake, uThixo kaYakobi.' Kaloku eli ligama lam nanini nanini; ndaye ke ndiya kubizwa ngalo nazizizukulwana ezizayo.

16Ngoko ke hamba uwaqokelele amadoda amakhulu amaSirayeli, uthi kuwo: 'Ndimbonile uNdikhoyo, uThixo wookhokho benu, uThixo ka-Abraham, uThixo kaIsake, uThixo kaYakobi; uthe: "Ndinijongile ndayibona imeko enikuyo apha eJiputa;

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17ngoku ke ndizimisele ukunikhulula kule mbandezelo yaseJiputa, ndinise kwilizwe lamaKanana, amaHiti, ama-Amori, amaPerezi, amaHivi, namaJebhusi; nditsho ilizwe elivuza ubisi nobusi.” ’

18“Ukuba ke utshilo kubo baya kukuphulaphula. Wena ke uya kuthatha amadoda amakhulu amaSirayeli, niye kukumkani waseJiputa, nithi kuye: ‘Sibonene noNdikhoyo uThixo wamaHebhere; ngoku ke siyakubongoza ukuba ukhe usikhulule, sithathe uhambo lweentsuku ezintathu, siye entlango, sibingelele simenzele idini uNdikhoyo Thixo wethu.’

19Kambe ke ndiyazi ukuba ukumkani waseJiputa akayi kunivumela ngaphandle kokuba ndide ndimnyanzele.

20Ngoko ke mna ndiya kuwaqwakanisa amaJiputa, ndenze imimangaliso eya kuwarhwaqelisa; emva koko ke uya kunikhulula.

21“Ngaphezu koko ke amaSirayeli ndiya kuwenza axatyiswe ngamaJiputa, khon' ukuze ningahambi ningaphathanga nto.

22Kaloku wonke umfazi uya kucela kummelwane nakundwendwe olusendlwini yakhe, bamnike izinto zexabiso zesiliva negolide kwakunye nempahla yokunxiba. Ezo zinto ke ziya kuthwalwa ngoonyana neentombi zamaSirayeli. Ngalinye ke amaSirayeli aya kuyiphanga impahla yamaJiputa.”

Eyemfuduko 4

UThixo uthwesa uMosis amandla

1UMosis waphendula wathi: “Ndiya kuthini ke ukuba abakholwa yile nto ndiyithethayo? Xa besithi: ‘Hayi, uNdikhoyo khange abonakale kuwe.’ ”

2UNdikhoyo wabuza wathi: “Yintoni na le isesandleni sakho?” UMosis waphendula wathi: “Yintonga.”

3Waza ke uNdikhoyo wathi: “Yiphose phantsi.” Eyiphosile ke uMosis, yajika yaba yinyoka. UMosis wee jaju phaya,

4uNdikhoyo wathi: “Yibambe ngomsila.” Ngenene ke wayibamba, yaza yajika yayintonga kwakhona.

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Ke uNdikhoyo wathi: “Uya kwenjenjalo ke ukuze amaSirayeli aqonde ukuba ubonene noNdikhoyo uThixo wookhokho bawo: uThixo ka-Abraham, uThixo kaIsake, uThixo kaYakobi.”

6Waphinda wathetha naye uNdikhoyo wathi: “Qhusheka isandla sakho ngaphantsi kwesambatho sakho.” Wasifaka ke, wabuya wasikhupha, suka saphuma simhlophe qhwa liqhenqa.

7Waza wathi uNdikhoyo kuye: “Phinda usiqhusheke.” Akuba ephindile, wabuya wasikhupha, sabuya siphilile sifana nenxalenye yomzimba wakhe.

8Waqhuba wathi uNdikhoyo kuye: “Ukuba abakholwanga ngumqondiso wokuqala, noko baya kwanela ngulo wesibini.

9Xa ke benganeliseki yile miqondiso mibini, bengafuni nokukuphulaphula, uze ukhe amanzi emlanjeni iNayile, uwagalele emhlabeni; uya kubona ke aya kujika abe ligazi.”

10Kambe ke uMosis waphendula uNdikhoyo wathi: “Hayi, Mhlekazi, kaloku andizange ndibe liciko ekuthetheni; ibe ke nangoku okoko wathethayo nam, andikwazi ukuthetha; ndilithintitha.”

11UNdikhoyo ke wathi kuye: “Kanti ngubani owenza umntu akwazi ukuthetha; ingubani omenza angakwazi, okanye abe sisithulu? Ngubani omenza abone, okanye abe yimfama? Asindim na, mna Ndikhoyo?

12Hayi bo! Hamba, kaloku ndiya kukunceda ukwazi ukuthetha, ndiya kukufundisa oko ufanele ukukuthetha.”

13UMosis uphinde wathi: “Hayi, Mhlekazi, ndiyakubongoza, thuma mntu wumbi.”

14Kwesi sithuba ke uNdikhoyo wacaphuka nguMosis, wathi: “Andithi kanene unomkhuluwa onguAron umLevi? Ndiyazi ukuba yena uyakwazi ukuthetha; nangoku nanko esiza kukuhlangabeza; futhi uya kuvuya gqitha akukubona.

15Wena ke uya kubhekisa kuye, abe ngumlomo wakho. Mna ndiya kuninceda nobabini ekuthetheni, ndinazise emanikwenze.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Ke yena uya kuba ngumlomo wakho ebantwini, wena ke ube nguthixo
kuye, athethe egameni lakho.

17Kambe ke sukuyishiya le ntonga; kaloku uya kuyenza ngayo imimangaliso.”

UMosis uphindela eJiputa

18Ke kaloku uMosis wagoduka waya kwaJetro uyise womkakhe, wafika
wathi: “Ndikhulule ndiye eJiputa kumawethu, khon' ukuze ndive impilo
yawo.” Wathi uJetro: “Hamba. Ndlela-ntle!”

19 UNdikhoyo ke wathetha noMosis kwalapho eMidiyan, wathi: “Hamba
uphindele eJiputa, kuba abantu ababezungula ubomi bakho abasekho.”

20UMosis ke wakhwelisa umkakhe nabantwana edonkini, waphindela
kwelaseJiputa, ephethe intonga awayeyiyalezwe nguThixo.

21UNdikhoyo wamyaleza uMosis, wathi: “Wakufika eJiputa uzuyenze phambi
kokumkani yonke imimangaliso endikunike amandla okuyenza. Kodwa ke
ndiya kuyiqaqadekisa intliziyo yakhe, angavumi ukuwakhulula amaSirayeli.”

22Waqhuba wathi: “Uze uthi apho kukumkani: ‘UNdikhoyo uthi: USirayeli
ngunyana wam wamazibulo;

23ngoko ke mkhulule aye kundikhonza; kuba ukuba ngaba uyala, ndiya
kubulala unyana wakho wamazibulo. ’ ”

24Kwathi apho babelalise khona uNdikhoyo wamvunukela uMosis, efuna
ukumbulala,

25-26koko wesuka uZipora wathatha intshengeca yelitye lenyengane, wolusa
unyana wakhe, waza ngokunjalo wachukumisa iinyawo zikaMosis, esithi:
“Ngenene kum ungumyeni wegazi.” Wayesitsho exela ulwaluko. Ngoko ke
uNdikhoyo wamyeka uMosis.

27Wathi ke uNdikhoyo kuAron: “Yiya entlango, uhlangabeze uMosis.”
Wanduluka ke uAron, baza bahlangana entabeni kaThixo, wamanga.

28UMosis ke wabalisela uAron onke amazwi awawathethayo kuye uNdikhoyo,
ngokunjalo nemiqondiso awamnika yona.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

29Bahamba bobabini ke, bafika bawaqokelela amadoda amakhulu akwaSirayeli.

30Ke uAron wawaphalaza kuwo onke amazwi awayethethwe nguNdikhoyo kuMosis, ngokunjalo nemiqondiso leyo wayeyinikiwe wayenza phambi kwabo.

31Bathi ke abantu, bakuba bevile, bebonile nokubona, baneliseka, baqonda ukuba uthe kanti uNdikhoyo usivile isimbonono samaSirayeli, wayiqonda nembandezelo akuyo. Ngoko ke besuka bee guqaqa banqula.

Eyemfuduko 5

UMosis noAron phambi kokumkani

1Ke kaloku uMosis noAron baya kukumkani waseJiputa, bathetha naye bathi: “Wenjenje ukuthetha uNdikhoyo uThixo wamaSirayeli: ‘Khulula abantu bam bahambe baye kundenzela itheko entlango.’ ”

2Ukumkani ke yena waphendula wathi: “Kanti kuxa engubani uNdikhoyo ukuba ndingade ndimthobele ndiwakhulule amaSirayeli? Hayi bo! Andazani naye mna; ngoko ke amaSirayeli àkahamb' apha.”

3Ke bona bathi: “Sibonene naye uThixo wamaHebhere. Siyakubongoza ke ngoko ukuba usivumele sithathe uhambo lweentsuku ezintathu, siye entlango, siyokwenzela uNdikhoyo uThixo wethu idini; kungenjalo úya kusihlasela ngezibetho okanye ngekrele.”

4Ukumkani wabaphendula ooMosis noAron wathi: “Kutheni ke ngoku nibaphazamisa nje aba bantu emsebenzini wabo? Buyelani emsebenzini!”

5Waza ukumkani waleka ngelithi: “Niyabona ukuba olu hlanga lwenu selwande kakhulu, kodwa nina nithi maluyeke lungasebenzi!”

6Kwangaloo mini ukumkani wabhekisa kwiinduna kunye namagosa abasebenzi,

7wathi: “Ze ningabi sabanika ingca yokwenza izitena abasebenzi njengangaphambili, koko mabazizabalazele ngokwabo,

© 1996 Bible Society of South Africa.

8kodwa lona inani lezitena abazenzayo lingabi ngaphantsi nakancinci kwelesiqhelo, kuba bangenwe bubuvila, yiyo le nto sebekhala ngokuya kubingelela kuThixo wabo.

9Ngamampunge lawo; baqhubeni basebenze bathi nca, khon' ukuze bangabi nalo ithuba lokuphulaphula imbudede yobuxoki.”

10Ngoko ke iinduna namagosa zabaxelela abasebenzi zathi: “Ukumkani uthi anisazukuyinikwa ingca yokwenza izitena,

11koko noyichola-chola ngokwenu naphi na apho ninokuyizuza khona; kambe ke lona inani lezitena akufuneki lihle nakancinci.”

12Abasebenzi ke bathi saa kulo lonke elaseJiputa, berhugula ingca.

13Ke zona iinduna zazingabaphi thuba, zisithi: “Wugqibeni umsebenzi wosuku ngalunye ngokwesiqhelo, njengangokuya beniyinikwa ingca.”

14Amagosa angamaSirayeli awayemiselwe ziinduna ezingamaJiputa ayekatswa zizo, kusithiwa: “Kutheni izitena zingafikeleli nje kwinani lesiqhelo?”

15Kwesi sithuba ke amagosa lawo aya kukhalaza kukumkani, athi: “Mhlekazi, ngani ukuba uziphathe ngolu hlobo izicaka zakho?

16Awusasiniki ingca yokwenza izitena, kodwa siyaqhutywa, kusithiwa masenze izitena. Ewe, siyabethwa, kanti isizathu sisebantwini bakho.”

17Ukumkani waphendula wathi: “Niyanqena, mavilandini! Yiyo le nto nibhomboloza ngokuya kubingelela kuNdikhoyo.

18Hambani nimk' apha! Emsebenzini! Anizukunikwa nangca apha, ibe ke zona izitena enimiselwe ukuba nizenze soze ziwe phantsi.”

19Amagosa lawo athe akuva kusithiwa inani lezitena soze lihle, aqonda ukuba lixubayele.

20Athi ke akudibana noMosis noAron, bevela kwakumkani:

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21“Wanga uNdikhoyo wayibona le nto wanigweba, kuba nisigqwalisile kukumkani neenduna zakhe; ngoku bafumene isizathu sokusibulala.”

UMosis uyakhalaza

22UMosis ke waya kukhala kuNdikhoyo, wathi: “Awu, Mhlekazi, ngani ukuba aba bantu ubazisele ishwangusha elinje? Wawundithumela ntoni kakade?

23Kuba ke oko ndaya kuthetha nokumkani ngenxa yakho, wabaphatha gadalala, ibe ke nawe awubahlanguli konke.”

Eyemfuduko 6

1Wathi ke uNdikhoyo kuMosis: “Uza kuyibona ke ngoku into endiza kuyenza kukumkani waseJiputa. Ngamandla am ndomnyanzela abakhulule aba bantu; enyanisweni ndiza kumenza abagxothe ngokwakhe emhlabeni wakhe.”

UThixo ubhekisa kuMosis

2UThixo wathetha noMosis wathi: “ NdinguNdikhoyo.

3Ndabonakala kuAbraham nakuIsake nakuYakobi njengoThixo uSomandla, kodwa ke andizange ndizazise kubo ngegama lam uNdikhoyo.

4Ngaphezu koko ndênza umnqophiso nabo, ndathi ndobanika ilizwe laseKanana, apho boma khona baxhwarhe okwabahambi.

5Ngoku ke ndisivile isingqala samaSirayeli ngenxa yokukhotyozwa ngamaJiputa, ndaye ke ndiwukhumbule loo mnqophiso.

6Ngoko ke yithi kumaSirayeli: ‘NdinguNdikhoyo, ndaye ke ndiza kunikhupha kwingcinezelo yamaJiputa, ndinikhulule kwiimbophelelo zawo. Ndiya kunihlangula ngesandla esigadalala nangezigwebo ezingqongqo.

7Ndiya kunenza abantu bam, mna ndibe nguThixo wenu. Nani ke niya kuqonda ukuba mna Ndikhoyo ndinguThixo wenu onikhulule ebukhobokeni eJiputa.

8Ndiya kunikhokela, ndinise kwilizwe endafungayo ukuba ndolinika uAbraham, uIsake, noYakobi. Ndiya kunipha lona, libe lelenu; kaloku mna ndinguNdikhoyo.’ ”

© 1996 Bible Society of South Africa.

9La mazwi uMosis wawaxela kumaSirayeli, kodwa ngenxa yokudakumba
nangenxa yenkohlakalo yasebukhobokeni akamphulaphulanga.

10Wathi ke uNdikhoyo kuMosis:

11“Hamba uye kukumkani waseJiputa, uthi ndithi kuye makawakhulule
amaSirayeli, aphume emhlabeni wakhe.”

12UMosis waphendula wathi: “Njengokuba engandiphulaphuli nje
amaSirayeli, uya kundiphulaphula njani ke ukumkani? Ibe ke andililo
naciko.”

13Naxa kunjalo uNdikhoyo wathetha nabo ooMosis noAron, wabathumela
kumaSirayeli nakukumkani, esithi amaSirayeli makakhutshwe aphume
eJiputa.

Izindlu zakwaRubhen nakwaSimon nakwaLevi

14Nazi iintloko zezindlu. Oonyana bakaRubhen amazibulo kaSirayeli,
nguHanoki, noPalu, noHezeron, noKarmi. Ezo ke zizindlu zakwaRubhen.

15Oonyana bakaSimon nguJemuweli, noJamin, no-Ohadi, noJakin, noZoware,
kunye noShawule unyana womKananakazi. Ezi ke zizindlu zakwaSimon.

16Oonyana bakaLevi ngokuzana kwabo nguGershon, noKohati, noMerari.
ULevi ke wahlala iminyaka elikhulu elinamashumi amathathu anesixhenxe.

17Naba oonyana bakaGershon ngokwezindlu zabo: nguLibheni noShimeyi.

18Oonyana bakaKohati nguAmram, noIzare, noHebron, noUziyeli. Ke yena
uKohati wahlala iminyaka elikhulu elinamashumi amathathu anantathu.

19Oonyana bakaMerari nguMalin Mushi. Ezi ke zizindlu zakwaLevi
ngokokuzana kwazo.

20UAmram wathatha udade boyise uJokobhedi, owamzalela uAron noMosis.
UAmram wahlala iminyaka elikhulu elinamashumi amathathu anesixhenxe.

21Oonyana bakaIzare nguKora, noNifege, noZikri.

22Oonyana bakaUziyeli nguMishayeli, noElifazan, noSitri.

© 1996 Bible Society of South Africa.

23UAron wathatha uElishebha intombi ka-Aminadabhi, udade boNashon,
owazala uNadabhi, noAbhihu, noElazare.

24Oonyana bakaKora nguAsire, noElikana, noAbhiyasafu. Ezo ke zizindlu
zakwaKora.

25UElazare unyana ka-Aron wathatha enye yeentombi zikaPutiyeli eyazala
uFineyasi. Ezi ke ziintloko zezindlu zakwaLevi.

26Ngulaa Aron ke lo wathi benoMosis bathunywa nguNdikhoyo wathi:
“Hambani niyokukhupha amaSirayeli eJiputa.”

27Ngabo abâthetha nokumkani waseJiputa ngokukhululwa kwamaSirayli
eJiputa, lo Mosis nalo Aron.

28Mhlenikwezeni uNdikhoyo wathetha noMosis kwelaseJiputa,

29wathi kuye: “NdinguNdikhoyo; ukumkani waseJiputa mxelele yonke into
endiyithetha kuwe.”

30Kambe ke uMosis wathi: “Uyandazi ukuba andilociko lokuthetha;
angandiphulaphula njani ukumkani?”

Eyemfuduko 7

UNdikhoyo uyaleza uMosis noAron

1 UNdikhoyo wathetha noMosis, wathi: “Uyabona ke, wena ndiza kukwenza
ube ngathi unguThixo kukumkani waseJiputa, yena umkhuluwa wakho abe
ngumshumayeli wakho.

2UAron uze umxelele konke endikuyalela kona, ke yena uya kubhekisa
kukumkani, atsho akhulule amaSirayeli aphume emhlabeni wakhe.

3Kambe ke ndiya kumqaqadekisa ukumkani, angavumi ukuwakhulula
amaSirayeli noba sendiyiphinda-phinda kangakanani na imiqondiso
nemimangaliso yam kwelaseJiputa.

4Ngoko ke ndiya kuba ngqongqo kwelaseJiputa, ndilohlwaye. Ke bona abantu
bam amaSirayeli ndiya kubakhupha ngendlu yabo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Igunya endiya kuwakhupha ngalo amaSirayeli eJiputa liya kubetha aqonde amaJiputa ukuba ndinguNdikhoyo.”

6Ke uMosis noAron bênza kanye ngendlela ababeyalelwe ngayo nguNdikhoyo.

7Ukuthetha kwabo nokumkani waseJiputa uMosis wayenamashumi asibhozo eminyaka, ke yena uAron emashumi asibhozo nantathu.

Induku ka-Aron

8 UNdikhoyo wabayala ooMosis noAron, wathi:

9“Xa ukumkani esithi: ‘Ndibonise ummangaliso,’ uze uthi kuAron: ‘Phosa induku yakho phambi kokumkani.’ Yojika ke ibe yinyoka.”

10Bahamba ke uMosis noAron, baya kukumkani, benza njengoko babeyalelwe nguNdikhoyo. UAron wayiphosa phambi kokumkani namaphakathi akhe induku yakhe, yaza yajika yayinyoka.

11Kuthe ke kwakuba nje, ukumkani wabiza oosiyazi namaqili elaseJiputa, nabo bazijika ezabo iinduku ngemilingo yabo.

12Ewe, baziphosa phantsi, yayileyo yajika yaba yinyoka; koko ke yona eka-Aron yasuka yaziginya zonke.

13Kodwa ke ukumkani wenza njengoko wayetshilo uNdikhoyo, intliziyo yakhe yaqaqadeka, akabaphulaphula.

Izibetho kwelaseJiputa: Igazi

14Ke kaloku uNdikhoyo wathi kuMosis: “Ukumkani uneenkani; akavumi ukubakhulula abantu bam.

15Ngoko ke, phumani kusasa xa aya emlanjeni, niyokumlindela elunxwemeni lomlambo, niphethe laa nduku yayijike yaba yinyoka.

16Thethani naye nenjenje: ‘UNdikhoyo uThixo wamaHebhere wandithuma esithi: “Khulula abantu bam, baye kundinqula entlango!” Kambe ke awukayenzi loo nto unangoku.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Ngoku ke uNdikhoyo uthi: “Nantsi ke into eza kukwenza ukuba uqonde ukuba mna ndinguNdikhoyo” – la manzi omlambo iNayile ndiza kuwabetha ngale nduku isesandleni sam, atsho ajike abe ligazi.

18Iintlanzi ziya kufa, umlambo utsho unuke, amaJiputa atsho awacekise amanzi eNayile.’ ”

19UNdikhoyo wayalela uMosis ukuba athi kuAron: “Thatha induku yakho, uwalekuze ngayo amanzi aseJiputa, emilanjeni, ezintlanjeni, emachibini, nasemaquleni, atsho ajike abe ligazi. Koba ligazi ke kulo lonke elaseJiputa; nditsho nasezityeni zomthi nakwezamatye.”

20UMosis noAron benza njengoko babeyalelwe nguNdikhoyo. UAron wayiphakamisa induku yakhe ekho ukumkani namaphakathi akhe, wawabetha amanzi omlambo iNayile, aza ke onke amanzi omlambo lowo ajika aba ligazi.

21Zafa ke iintlanzi apho emlanjeni, aza amanzi awo anuka kangangokuba amaJiputa angabi nako ukuwasela; yaba ligazi nje konke kwelaseJiputa.

22Ngemilingo yawo amaqili aseJiputa nawo ayenza loo nto yayisenziwa ngooMosis. Ngenxa yoko ukumkani waqaqadeka, akavuma ukubaphulaphula ooMosis noAron njengoko wayetshilo uNdikhoyo.

23Ndaweni yaloo nto wasuka wee khwitshi wangena ebhotwe, akayikhathalela le nto ihlileyo.

24AmaJiputa wona azigrumbela amanzi apho kufuphi nomlambo, kuba la omlambo ayengaseleki.

Amasele

25Kwadlula iintsuku ezisixhenxe emveni kwesibetho saseNayile.

Eyemfuduko 8

1 UNdikhoyo wathetha noMosis, wathi: “Yiya kukumkani, uthi ndithi kuye: ‘Khulula abantu bam baye kundinqula.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Ukuba uyala ukubakhulula, ilizwe lakho ndiya kulihlasela ngesibetho samasele.

3Umlambo iNayile uya kuphuphuma ngamasele; oda aye kufika nakwakho. Aya kutaka-taka endlwini yakho yokulala, emandlalweni, ezindlwini zamaphakathi, nasezindlwini zabo bonke abantu bakho. Amasele aya kugxalathelana kumaziko okubhaka, nakwizitya zokuxovela;

4aya kuxhumela kuwe, kubantu bakho, nakumaphakathi akho.' "

5UNdikhoyo wayalela uMosis wathi makathi kuAron: "Yolula isandla sakho, uwalekuze ngenduku leyo amanzi emilambo, aweentlambo, nawamaqula, khon' ukuze kunyakazele amasele kulo lonke elaseJiputa."

6Ngenene ke uAron wawalekuza amanzi aseJiputa ngenduku yakhe, kwaza kwavela amasele, anyakazela kulo lonke.

7Ngemilingo yawo amaqili aseJiputa âkwazi nawo ukuyenza loo nto yayisenziwa nguAron, aza anyakazela amasele kwelaseJiputa.

8Ke ukumkani wabiza uMosis noAron, wathi kubo: "Khanimbongoze uNdikhoyo awasuse la masele kum nakubantu bam, ukuze mna ndibakhulule abantu bakowenu, baye kubingelela kuNdikhoyo."

9UMosis waphendula wathi: "Loo nto ndingayenza ngovuyo, nto nje wena misa ixesha ofuna ndikuthandazele ngalo wena namaphakathi akho nabo bonke abantu bakho, ukuze nahlukane namasele, asale emlanjeni iNayile kuphela."

10Ukumkani ke waphendula wathi: "Makaphele ngomso." Wathi ke uMosis: "Kuya kuba njengokuba uthetha, khon' ukuze uqonde ukuba akakho onjengoNdikhoyo uThixo wethu.

11Amasele aya kumka kuwe nasezindlwini zakho, kumaphakathi nakubantu bakho, asale emlanjeni iNayile kuphela."

12UMosis noAron bamshiya ke ukumkani. UMosis wambongoza uNdikhoyo ngokubhekisele kumasele awayenyakazela kwakumkani.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Naye uNdikhoyo wenza ngokwesicelo sikaMosis; aza ke amasele afa ezindlwini, ezinkundleni, nasemasimini.

14Aqokelelwa ke, aba ziinqumba; yeka ke iphunga!

15Njengoko wayetshilo uNdikhoyo, ukumkani uthe akubona ukuba kukho isiqabu, waqal' emva ukuqaqadeka, akavuma ukubaphulaphula ooMosis noAron.

Iimbuzane

16 UNdikhoyo wathi kuMosis: “Yitsho kuAron avuse uthuli ngenduku yakhe, ukuze kuvele iimbuzane kulo lonke elaseJiputa.”

17UAron ke waphakamisa induku yakhe, wabetha ngayo emhlabeni, kwaza kwavela iimbuzane, zabahlasela abantu kunye nezilwanyana. Kulo lonke elaseJiputa kwaphithizela iimbuzane.

18Athe ke amaqili aseJiputa, akuzama ukwenza kwaloo nto, suka azavela iimbuzane. Kambe ke zaphithizela iimbuzane kulo lonke, zahlasela umntu kwakunye nesilwanyana.

19Ke wona amaqili angqina athi kukumkani: “Ngumnwe kaThixo lo.” Kambe ke, njengoko uNdikhoyo wayetshilo, yena ukumkani wankaniza, akaphulaphula.

Iimpukane

20Waphinda uNdikhoyo wathi kuMosis: “Vuka kusasa ngomso, uhlangabeze ukumkani xa aya emlanjeni, uthethe naye uthi: ‘UNdikhoyo uthi: “Khulula abantu bam, baye kundikhonza;

21okanye xa ungayenzi loo nto, ndiya kukuthumela ngamabubu eempukane, zikuhlasele wena namaphakathi akho, nabantu bakho. Ziya kuzalisa ezindlwini zakho, nakwezabantu bakho, nakuwo wonke umhlaba waseJiputa.

22Kodwa ke eGoshen, apho kukho abantu bam, aziyi kubakho, khon' ukuze uqonde ukuba mna Ndikhoyo ndikho apha kweli lizwe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

23Ndiya kubakhetha abantu bam kubantu bakho ngokubakhusela. Loo mqondiso ke úya kuzibonela ngokwakho kusasa kusile.” ’ ”

24Ngenene ke uNdikhoyo wathumela amabubu eempukane komkhulu nakwimizi yamaphakathi. Lonke elaseJiputa laba semngciphekweni wentshabalalo ngenxa yeempukane.

25Ukumkani wababiza ooMosis noAron, wathi kubo: “Hambani niye kubingelela kuThixo wenu, kodwa ningaphumi kweli lizwe.”

26UMosis waphendula wathi: “Ayinakulunga loo nto. Kaloku isilwanyana esiza kwenza ngaso idini likaNdikhoyo uThixo wethu, silisikizi kumaJiputa. Ngoko ke singathi, siyenzile loo nto phambi kwamaJiputa, asixulube ngamatye, sife.

27Kufuneka sithathe uhambo lweentsuku ezintathu, siye entlango, simenzele khona idini uNdikhoyo uThixo wethu ngokomlomo wakhe.”

28Ukumkani waqhuba wathi: “Ndiyanikhulula nihambe niye kubingelela kuNdikhoyo uThixo wenu entlango, kodwa ke ze ningayi kude kakhulu. Ndithandazele ke!”

29UMosis wathi: “Ndakuba ndimkile ke ndiya kumbongoza uNdikhoyo. Wona ke amabubu eempukane aya kumka aphele ngomso, angabi sakuhlupha wena namaphakathi akho, ngokunjalo nabantu bakho. Kambe ke, wena kumkani, ungaphindi usiqhathe ubalele abantu ukuya kubingelela kuNdikhoyo.”

30Ephumile ke uMosis kwakumkani, watarhuzisa kuNdikhoyo,

31waza wazisusa iimpukane ezo kukumkani, kumaphakathi, nasebantwini bakhe, akwasala nale inye.

32Nakwesi isihlandlo ukumkani waphinda waqaqadeka, wankaniza, akawakhulula amaSirayeli.

Eyemfuduko 9

Ukufa kwemfuyo

© 1996 Bible Society of South Africa.

1 UNdikhoyo wabhekisa kuMosis wathi: “Yiya kukumkani waseJiputa, uthi kuye: ‘UNdikhoyo uThixo wamaHebhere uthethe wenjenje: “Khulula abantu bam, baye kundikhonza.”

2Ukuba uyala ukubakhulula,

3uNdikhoyo uya kukohlwaya ngokuthumela isibetho esoyikekayo kwimfuyo yakho: amahashe, iidonki, iinkamela, iinkomo, iigusha, neebhokhwe.

4Uya kuyikhetha imfuyo yamaSirayeli kweyamaJiputa. EyamaSirayeli imfuyo soze ife.

5Le nto ke iya kwenzeka ngomso.’ ”

6Ngengomso ke uNdikhoyo wenza njengoko wayethethile. Yonke imfuyo yamaJiputa yafa, kodwa kweyamaSirayeli zange kufe nob' ibe nye.

7Ukumkani wathuma amadoda aye kukhangela ukuba kube njani na kwimfuyo yamaSirayeli, waza waxelelwa ukuba akufanga nale inye. Naxa kunjalo wankaniza, akavuma ukuwakhulula amaSirayeli.

Amathumba

8 UNdikhoyo wabiza uMosis noAron, wathi kubo: “Yikhani uthuthu ngezandla, nize niye kwakumkani, uMosis aluphose phezulu ukumkani ebukele.

9Luya kuphephetheka njengothuli kulo lonke elaseJiputa. Luya kudala amathumba aya kubhidla abe zizilonda ebantwini nasezilwanyaneni kulo lonke elaseJiputa.”

10Baluthatha ke uthuthu eziko, baya kwakumkani, waza uMosis waluphosa phezulu ekho nokumkani. Lwaphephetheka ke, lwaza lwadala amathumba asuka abhidla aba zizilonda ebantwini nasezilwanyaneni.

11Ngenxa yamathumba abo abemilingo bona abazange babe nako ukumelana noMosis. Kaloku onke amaJiputa ayenamathumba.

12Kambe ke uNdikhoyo, njengoko wayetshilo kwangaphambili, wamenza waneenkani ukumkani, akavuma ukuphulaphula ooMosis noAron.

© 1996 Bible Society of South Africa.

Isichotho

13 UNdikhoyo waphinda wathetha noMosis wathi: “Vuka kusasa ngomso, uye
kukumkani, umxelele ukuba uNdikhoyo uThixo wamaHebhere uthi: ‘Khulula
abantu bam, baye kundikhonza.

14Kwesi sihlandlo ndiya kukuhlabanisela ngezibetho, wena namaphakathi
nabantu bakho, nitsho niqonde ukuba ehlabathini liphela akakho onjengam.

15Ukuba bendithanda ngesendisolule isandla sam, ndanitshayela ngesibetho,
nanyamalala emhlabeni.

16Kodwa ke ndisaniyekile, kuba ndifuna ukunibonisa ubungangamsha bam,
luze luthi nodumo lwam lunwenwe ehlabathini liphela.

17Njengokuba usazingca nje, ungavumi ukubakhulula abantu bam,

18uyabona ke, ngomso ngeli xesha ndiya kuthumela isitshu sesichoto
esingazanga sabonwa nanini na ezimbalini zeJiputa.

19Ngoko ke thumela iye kuqokelelwa yonke imfuyo yakho, ivalelwe, khon'
ukuze isinde. Kaloku ukufika kwaso yonke into ephandle, umntu
kwanesilwanyana, iya kutshabalala.’ ”

20Ke kaloku loo maphakathi kakumkani ayenevuso ngenxa yomlomo
kaNdikhoyo, athumela amakhoboka, yaqokelelwa imfuyo yawo, yavalelwa.

21Kambe ke lawo angazange alikhathalele ilizwi likaNdikhoyo awayeka
emadlelweni amakhoboka kunye nemfuyo yawo.

22UNdikhoyo wathi kuMosis: “Phakamisela isandla sakho esibhakabhakeni,
ukuze kuwe isichotho kulo lonke elaseJiputa, sibethe abantu, izilwanyana,
nako konke okuntshula emhlabeni.”

23UMosis ke wayiphakamisa induku yakhe, waza uNdikhoyo wayivulela
imibane, iindudumo, nesichotho, zatsho kwakubi kwelaseJiputa.

24Wasithulula isichotho, yalenyeza imibane, zatsho ngenzwinini
eyayingazange yabonwa ezimbalini zeJiputa.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

25Eso sichotho sageqa konke okwakuphandle, abantu, izilwanyana, izityalo,
kunye nemithi, kulo lonke elaseJiputa.

26Kanti ke eGoshen, umhlaba wamaSirayeli, zange sifike isichotho.

27Ukumkani ke wathumela buphuthu-phuthu, wathi makubizwe uMosis
noAron, waza wathi kubo: “Ngoku ndiyavuma, ndonile mna nabantu bam;
uNdikhoyo yena akaphazamanga.

28Khawuncede umbongoze uNdikhoyo. Kwanele ngoku – ezi ndudumo
nemibane zisongamele! Ndiza kunikhulula ndingaphozisanga maseko!”

29Waphendula uMosis wathi: “Nje ukuba ndiphume apha esixekweni, ndiya
kuzolulela kuNdikhoyo izandla zam, sitsho sithothe isiphango, sinqamke
isichotho, khon' ukuze uqonde ukuba lelikaNdikhoyo ihlabathi liphela.

30Kambe ke wena namaphakathi akho ndiyanibona ukuba anikamqondi
uNdikhoyo uThixo.”

31Umqhaphu nerhasi zavuthuluka zatshabalala. Kaloku irhasi yona kwakuxa
ihlanzayo; umqhaphu ke wona kuxa udubulayo.

32Kanti ke ingqolowa nehabile zange zonakale, kuba zazisephantsi.

33Akumka ke uMosis kwakumkani, ephumile nasesixekweni, waphakamela
kuNdikhoyo ngomthandazo. Ngoko nangoko sathotha isiphango, yapheza
nemvula.

34Uthe ke ukumkani akubona ukuba sithothile isiphango nemvula inqamkile,
waphindela ukona oku; kuba waphinda waqaqadeka, wankaniza, yena
ngokunjalo namaphakathi akhe.

35Ewe, wankaniza wala ukuwakhulula amaSirayeli ngokomlomo kaNdikhoyo
kuMosis.

Eyemfuduko 10

Iinkumbi

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1 UNdikhoyo wathetha noMosis wathi: “Yiya kwakumkani. Kaloku yena namaphakathi akhe ndibaqaqadekisile, ukuze ndifumane ithuba lokwenza le miqondiso phakathi kwabo,

2nokuze nibe nako ukubalisela abantwana nabazukulwana benu. Niya kubanika ingcombolo yendlela endabonisa ngayo ubungangamsha bam kumaJiputa, nangemiqondiso endiyenzileyo phakathi kwawo, khon' ukuze nani niqonde ukuba ndinguNdikhoyo.”

3UMosis noAron ke baya kwakumkani, bathi kuye: “UNdikhoyo uThixo wamaHebhere uthi: ‘Koda kube nini ungavumi ukuzithoba kum? Khawubakhulule abantu bam, baye kundikhonza.

4Ukuba uyala, ngomso ndiza kuthumela iinkumbi emhlabeni wakho.

5Ziya kuba yinyambalala eya kuwugquma tu umhlaba wakho xa uwonke. Yonke into esinde kwesiya sichotho ziya kuyinqunqutha iphele tu! Nditsho nomthi lo wembala.

6Ziya kunyakazela ezindlwini zakho, kwezamaphakathi, nakuzo zonke izindlu zamaJiputa. Lowo iya kuba ngumbono ongazange walanywa ngooyihlo ngokunjalo nooyihlo-mkhulu ezimbalini zeli lizwe.’ ” Akuba etshilo waphuma, wemka kwakumkani.

7Amaphakathi kakumkani abhekisa kuye athi: “Yaz'ba kode kube nini na lo mfo elukhwembe-khwembe kuthi? Nceda, khulula aba bantu baye kukhonza uNdikhoyo uThixo wabo. Ngaba awukaqondi ukuba iJiputa itshabalele?”

8Babizwa ke ooMosis noAron, babuyela kukumkani, waza wathi kubo: “Hambani niye kukhonza uNdikhoyo uThixo wenu. Kodwa ke ngoobani kanye abaza kuhamba?”

9UMosis wathi: “Kuza kuhamba abadala nabanci, oonyana neentombi, iigusha neenkomo. Kaloku kufuneka senzele uNdikhoyo itheko.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

10Kambe ke ukumkani waphendula wathi: “Ndifung' uNdikhoyo, soze ndinikhulule nihambe neentsapho zenu. Kakade, nithi andiniboni ukuba nindenzela iyelenqe?

11Hayi, makuhambe amadoda odwa aye kukhonza uNdikhoyo, njengoko nanitshilo kakade.” Baza ke bakhutshwa buphuthu-phuthu apho kwakumkani.

12Kwesi sithuba ke uNdikhoyo wayalela uMosis wathi: “Phakamisa ingalo yakho, uwangawangise kulo lonke elaseJiputa, ukuze kuvele iinkumbi eziya kunqunqutha zonke izityalo nayo yonke into eyasinda esichothweni.”

13UMosis ke wayiphakamisa induku yakhe, wawangawangisa ngayo, waza ke uNdikhoyo wathumela umoya wasempuma, wabhudla loo mini yonke nobusuku bayo. Kwathi kusisa kwaye sekunyakazela ziinkumbi kulo lonke elaseJiputa.

14Zafika zilibubu, zanyakazela kulo lonke elaseJiputa neziphaluka zalo. Ezingako zona zazingazange zabonwa ngaphambili, zaye zingasoze zibonwe nanini na!

15Zaba lukhoko olwawambathisa wonke umhlaba; kwatsho kwamnyama nje! Zanqunqutha zonke izityalo nemithi yeziqhamo, nako konke okwasinda mhla ngesiphango, zatsho akwasala nempunde le yegqabi eliluhlaza kulo lonke elaseJiputa.

16Ukumkani ke wababiza ngobungxamo ooMosis noAron, wathi kubo: “Ndimonile uNdikhoyo uThixo wenu, ngokunjalo nani.

17Ndicela uxolo ngesono sam; ndiyanibongoza, okwesi isihlandlo khaninditarhuzisele kuNdikhoyo uThixo wenu, ayisuse le ntshabalalo!”

18Waphuma ke uMosis, waya kuthandaza uNdikhoyo.

19UNdikhoyo ke wathumela umoya wasentshona, wazitshayela zonke iinkumbi, waya kuzeyelisela kuLwandle oluBomvu, akwasala nob' ibe nye inkumbi kwelaseJiputa.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

20Kambe ke uNdikhoyo wamqaqadekisa ukumkani waseJiputa, akavuma ukuwakhulula amaSirayeli.

Isithokothoko sobumnyama

21Waphinda uNdikhoyo wayalela uMosis ukuba aphakamisele isandla sakhe esibhakabhakeni, ukuze kubekho isithokothoko sobumnyama kulo lonke elaseJiputa, esatsho baziimpumputela abantu.

22Wasiphakamisa ke uMosis isandla sakhe, kwaza kwakho isithokothoko sobumnyamaesabetha kwathi thsu iintsuku ezintathu kulo lonke elaseJiputa.

23Obo bumnyama ke batsho amaJiputa akabi nako nokubonana oku, engenako nokuphuma endlwini ezo ntsuku zontathu. Kanti ke kwisiphaluka samaSirayeli kwakukhanya.

24Waza ke ukumkani wabiza uMosis, wathi kuye: “Ngoku ningahamba niye kukhonza uNdikhoyo kunye nabafazi nabantwana benu, nishiye imfuyo yenu kuphela.”

25UMosis waphendula wathi: “Kofuneka ke usinike izinto esobingelela ngazo, ngokunjalo nezokwenzela uNdikhoyo uThixo wethu amadini atshiswayo.

26Hayi bo! Asinakuyishiya imfuyo yethu; asinakushiya nob' ibe nye! Kaloku kufuneka sizikhethele ngokwethu leyo siza kuyisebenzisa xa sinqula uNdikhoyo uThixo wethu, ibe ke asinakuyazi esiza kubingelela ngayo side sifike apho siya khona.”

27Kambe ke uNdikhoyo wamqaqadekisa ukumkani, akavuma ukubakhulula.

28Ukumkani wamgxotha uMosis, wathi: “Phuma! Zichithe! Mandingaze ndiphinde ndikubone! Mhla ndakubona ndokucim' igama!”

29UMosis waphendula wathi: “Uthethe kakuhle! Soze uphinde undibone!”

Eyemfuduko 11

Isibetho sokugqibela

© 1996 Bible Society of South Africa.

1 UNdikhoyo wabhekisa kuMosis wathi: “Uyabona ke, ukumkani lo ndawonye
nabantu bakhe ndiya kumzisela isibetho sokugqibela. Emva kweso ke uya
kunikhulula nihambe. Enyanisweni uya kunigxotha niphume niphele.

2Ngoku ke yitsho ibe ngulowo nalowo kumaSirayeli acele isiliva negolide
kummelwane wakhe.”

3UNdikhoyo ke wawenza axatyiswa amaSirayeli ngamaJiputa. Ngenene
uMosis wayehlonitshwe gqitha ngamaphakathi kakumkani ndawonye nawo
onke amaJiputa.

4UMosis waxelela ukumkani wathi: “UNdikhoyo uthi: ‘Ndiya kuphuma
ezinzulwini zobusuku, ndilijikeleze lonke elaseJiputa.

5Ndiya kuwathi qwaka afe onke amazibulo, kuqalela kwelokumkani
ongqendeve ebhotwe, kuye kwelekhoboka elisebenzayo, kuye kuthi xhaxhe
kwizibulo lemfuyo.

6ElaseJiputa liya kuhlahlamba ngesijwilikazi esingazange seviwa
ngaphambili, esingayi kuze siviwe nanini na.

7Kanti ke wona amaSirayeli nemfuyo yawo sobe abe nawo nowempumlo
umkrwelo.’ Ngaloo ndlela ke niya kutsho niqonde ukuba uNdikhoyo uyahlula
phakathi kwamaJiputa namaSirayeli.”

8UMosis waqukumbela ngelithi: “Ke wona la maphakathi akho aya kuza kum
akhahlele endibongoza esithi: ‘Thatha abantu bakho, niphume niphele kweli.’
Kwakuba njalo ke ndiya kunduluka.” Akukhov' ukutsho ke, uMosis waphuma
efuthekile.

9Ke kaloku uNdikhoyo wayethethe noMosis wenjenje: “Ukumkani waseJiputa
akayi kukuphulaphula, khon' ukuze ndiyandise imimangaliso yam phakathi
kwamaJiputa.”

10Le mimangaliso ke uMosis noAron bayenza phambi kokumkani. Kambe ke
uNdikhoyo wamqaqadekisa ukumkani waseJiputa, akavuma ukuwakhulula
amaSirayeli emke eJiputa.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Eyemfuduko 12

IPasika

1 UNdikhoyo wabayalela ooMosis noAron kwelaseJiputa, wathi:

2“Le iya kuba yinyanga yenu yokuqala enyakeni.

3Thetha namaSirayeli, uthi ngomhla weshumi kule nyanga umzi ngamnye mawuzifunele ixhwane.

4Kambe ke ukuba umzi lowo unabantu abambalwa, awunako ukulitya uligqibe ixhwane, mawudibane nommelwane, yomibini ihlanganyele ixhwane elinye ngokobubanzi beentsapho zayo. Ngoko ke umzi ngamnye uya kulinganiselwa ixhwane kwangaphambili.

5Ixhwane elo lichongwayo malingabi nasiphako, libe nonyaka ubudala. Ingalelegusha okanye elebhokhwe.

6Maligcinwe kude kube ngumhla weshumi elinesine wenyanga, apho liya kuthi lonke ibandla lamaSirayeli liwaxhele amaxhwane alo ngorhatya.

7Ngaloo mini ke baya kuthatha igazi lexhwane elo, bayidyobhe ngalo imigubasi yaloo ndlu batyela kuyo, ngapha nangapha naphezulu.

8Ngobo busuku inyama leyo ze bayose, bayifake umthi womkrakriso, bayitye, bayidibanise nesonka esenziwe ngentlama engenagwele.

9Ningakhe nilinge niyitye iluhlaza, okanye iphekiwe. Mayosiwe xa iyonke; nditsho nentloko namanqina nezibilini.

10Le nyama ke ize ingabekelwa ingomso. Xa kwenzekile yasala, ize itshiswe ngomlilo kusasa.

11Uyabona ke ze nenjenje: Yityeni seningxamele ukuhamba; nifinyezile, iimbadada zisezinyaweni, induku isesandleni. Kaloku esi sisidlo sePasika kaNdikhoyo.

12“Kanye ngobo busuku ndiya kulityhutyha elaseJiputa, ndihambe ndiwabulala onke amazibulo, ndiqalele kwawabantu, ndiyokutsho

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

nakwawemfuyo. Mna Ndikhoyo ndiya kuba ngumgwebi phezu koothixo bamaJiputa.

13Izindlu enikuzo ndiya kuzibona ngegazi; lona loba ngumqondiso endininika wona. Ndiya kuthi ndakubona igazi ndigqithe, angafiki kuni ubhubhani xa nditshabalalisa amaJiputa.

14Le mini ke ize ibe sisikhumbuzo kuni. Ze ningayilibali, ngayo nibhiyozele uNdikhoyo, niyenze ibe ngummiselo olisiko nakwizizukulwana."

Umsitho wesonka esingenagwele

15Waqhuba uNdikhoyo wathi: "Uyabona ke, niya kuthatha iintsuku ezisixhenxe nisitya isonka esenziwe ngentlama engenagwele. Ngosuku lokuqala ze niligqogqe nilikhuphe lingabikho igwele ezindlwini zenu. Kwezi ntsuku ke umntu okhe watya into enegwele uya kuhlanjwa kwibandla lamaSirayeli.

16Umhla wokuqala nomhla wesixhenxe uya kuba ngumhla owodwa wenkonzo; akukho msebenzi uya kwenziwa ngayo ngaphandle kokupheka.

17Lo msitho ke ze niwugcine, kuba ngawo nokhumbula umhla endanikhupha ngawo eJiputa ningamabutho ngamabutho. Ngoko ke wenzeni ube ngummiselo kammiselo.

18Ukususela kurhatya lomhla weshumi elinesine, kuye kutsho kurhatya lomhla wamashumi amabini ananye, ze ningasityi isonka esinyusiweyo.

19-20Ngezo ntsuku zisixhenxe malingabikho igwele ezindlwini zenu, kuba okhe watya into enegwele uya kuhlanjwa ebandleni likaSirayeli, noba uyinzalelwane, okanye ngumngeneleli. Naphi na apho nikhoyo ze nitye isonka esinganyuswanga; esinegwele ze ningasifaki emlonyeni."

IPasika yokuqala

21UMosis ke wawabiza amadoda amakhulu amaSirayeli, wathi kuwo: "Hambani ngoku nizifunele amaxhwane ngokwemizi yenu, nixhelele iPasika.

© 1996 Bible Society of South Africa.

22Umntu makathathe amahlamvu ehisopu, awathi nkxu kwigazi lexhwane elisesityeni, afefe imigubasi yomibini naphezu kwayo. Akuyi kuphuma mntu ke apho kuloo ndlu kude kube kusasa ngengomso.

23Kaloku xa uNdikhoyo ejikeleza, ehamba ebulala amaJiputa, uya kuthi akubona igazi emigubasini, awugqithe loo mnyango, angamvumeli umtshabalalisi angene anibulale.

24Ze niyilulamele le miyalelo ibe ngummiselo kuni nakwizizukulwana.

25Naxa senide nafika nakwelo lizwe nathenjiswa ngalo nguNdikhoyo ze ningayilibali.

26Niya kuthi ke xa nibuzwa ngabantwana benu ngalo msitho, besithi ngaba uthetha ntoni na,

27nibaxelele nithi: ‘Ngalo msitho sitya idini lePasika lokudumisa uNdikhoyo, sikhumbula mhla wazigqitha izindlu zamaSirayeli eJiputa, mhlenikwezeni watshabalalisa amaJiputa, wasisindisa ke thina.’ ” AmaSirayeli ke asuka athi guqaqa, anqula uNdikhoyo.

28Ahamba ke amaSirayeli aya kwenza ngokomlomo kaNdikhoyo kuMosis noAron.

Ukubulawa kwamazibulo

29Kwathi ke ezinzulwini zobusuku uNdikhoyo walihlasela elaseJiputa, wawabulala onke amazibulo, kuqalela kwelikakumkani lowo wayengqendeve ebhotwe, kuye kuqhina kwelombanjwa owayengaphaya kwezitshixo, ngokunjalo nawemfuyo.

30Ke kaloku ngobo busuku ukumkani, amaphakathi, nawo onke amaJiputa, baphaphama, bevuswa sisimbonono sesijwili. Kaloku kwakungekho mzi ungafelwanga.

31Kwangobo busuku ukumkani waseJiputa wathumela buphuthu-phuthu ukuba kubizwe uMosis noAron. Befikile ke, wathi kubo: “Vukani nihambe,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

niphume phakathi kwabantu bam; nditsho nina namaSirayeli jikelele. Hambani niye kukhonza uNdikhoyo njengoko nanicelile.

32Thathani konke okwenu, ningayishiyi imihlambi yenu yeenkomo, neegusha, neebhokhwe, niphel' emehlweni – nam nindithamsanqelise!”

33AmaJiputa athundeza amaSirayeli ukuba emke, esithi: “Singabafileyo xa enokungahambi amaSirayeli.”

34Ngoko ke amaSirayeli azalisa izitya zawo zokuxovela ngentlama engenagwele, aza azisongela ngeempahla, azixway' emagxeni.

35Bayenza nento ababeyiyalelwe nguMosis, kuba bacela izinto zesiliva nezegolide, kunye nempahla yokunxiba, kumaJiputa.

36UNdikhoyo wawenza axatyiswa amaSirayeli ngamaJiputa, aza awaxhobisa ngako konke awayekufuna. Ngaloo ndlela ke amaSirayeli awaphanga amaJiputa.

Ukunduluka kwamaSirayeli eJiputa

37Ke kaloku anduluka amaSirayeli eRamesi, aya kutsho eSukoti. Inani lamadoda ngaphandle kwelabafazi nabantwana lalingamakhulu amathandathu amawaka.

38Kanti ke kwabakho nengxubevange yabantu ehamba namaSirayeli, ngokunjalo nemihlambi yeenkomo, neebhokhwe, neegusha.

39Babhaka izonka ngaloo ntlama inganyuswanga babemke nayo eJiputa. Kaloku lalingekho igwele, ibe ke ukuphuma kwabo eJiputa bagxagxanyiswa kangangokuba bangabi nako nokuzenzela nomphako lo.

40KwelaseJiputa amaSirayeli ahlala iminyaka engamakhulu amane anamashumi amathathu.

41Kwathi kanye ke ngosuku lokugqibela lokuphela kwaloo minyaka uhlanga lukaNdikhoyo lwaphuma eJiputa lungamabutho ngamabutho.

© 1996 Bible Society of South Africa.

42Ngenxa yokuba uNdikhoyo walinda ngobo busuku, elindele ukuwakhupha eJiputa, nangoku amaSirayeli anesiko lokulinda ngobu busuku, esenza isikhumbuzo sikaNdikhoyo.

Imiqathango ngokuqhutywa kwePasika

43 UNdikhoyo wabayalela uMosis noAron, wathi: “Nantsi imimiselo emaniyigqale xa kubhiyozelwa iPasika: Umntu wolunye uhlanga akavumelekanga ukuba abe nenxaxheba.

44Ke lona ikhoboka elithengiweyo livumelekile lakuba lalukile.

45Umhambi okanye umqeshwa makangabi nanxaxheba.

46Inyama leyo yotyelwa kuloo ndlu iphekelwe kuyo, kungàphunywa nayo phandle. Amathambo ayo makangakrotyozwa.

47Lo msitho uya kubhiyozelwa ngamaSirayeli ephela.

48Umngeneleli omi phakathi kwenu, xa enqwenela ukuthatha inxaxheba kulo msitho, makuqale koluswe onke amadoda kuloo ndlu yakhe. Xa kunjalo ke woba nelungelo njengabo bonke abomthonyama.

49Umntu ongalukanga akanalungelo kuloo msitho, nokuba uyinzalewane okanye ngumngeneleli.”

50AmaSirayeli ke ayithobela yonke loo miyalelo kaNdikhoyo kuMosis noAron.

51Ngaloo mini kanye uNdikhoyo wawakhupha amaSirayeli eJiputa engamabutho ngamabutho.

Eyemfuduko 13

Ukuphawulwa kwamazibulo

1 UNdikhoyo wabhekisa kuMosis wathi:

2“Ndiphawulele onke amazibulo azalwayo kwaSirayeli abe ngawam, nditsho awabantu nawemfuyo.”

Umbhiyozo wezonka ezinganyuswanga

© 1996 Bible Society of South Africa.

3UMosis wathetha nabantu wathi: “Ze ningaze niwulibale lo mhla wokukhululeka kwenu ebukhobokeni kwelaseJiputa. Kaloku nikhululwe bubungangamsha bukaNdikhoyo. Ngawo makungatyiwa sonka sinyusiweyo.

4Lo mhla wale nyanga inguAbhibhi yimini yokunduluka kwenu.

5UNdikhoyo wabathembisa ookhokho benu ukuba uya kubanika ilizwe lamaKanana, amaHiti, ama-Amori, amaHivi, namaJebhusi. Nakufika kwelo lizwe lihle liyinzwakazi, livuza ubisi nobusi, ze nenze isikhumbuzo ngawo wona lo mhla wale nyanga minyaka le.

6Niya kutya isonka esinganyuswanga iintsuku zibe sixhenxe. Ngolu lwesixhenxe ke niya kwenza itheko lokuwonga uNdikhoyo.

7Niya kutya isonka esinganyuswanga iintsuku zibe sixhenxe; into evutyelweyo okanye igwele lingakhe lifumaneke kummandla wenu.

8Xa nisenza eli theko ke, ze nibaxelele abantwana benu, nithi: ‘Ngalo mhla siwonga uNdikhoyo ngokusikhupha kwakhe eJiputa.’

9Lo mbhiyozo ke uya kufana nomqondiso osesandleni okanye ebunzi, ukuze ningalibali ukubalisa ngommiselo kaNdikhoyo. Kaloku kwaba ngesandla sakhe ukuphuma kwenu eJiputa.

10Ngoko ke eli siko lenzeni ngexesha lalo minyaka le.”

Amazibulo

11“Ke kaloku xa uNdikhoyo ede wakufikisa kwelaseKanana njengoko wakuthembisayo wena nooyihlo,

12uze umphawulele onke amazibulo azalwayo. Onke amazibulo emfuyo yakho angamaduna ngakaNdikhoyo.

13Ke lona izibulo ledonki uya kulikhulula ngokulihlawulela ngexhwane; ungayenzanga loo nto uze ulophule ilungu lentamo. Nonyana wakho wamazibulo uze umkhulule ngentlawulo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

14Kuya kuthi ke xa oonyana bebuza ukuba lithetha ntoni na elo siko, uthi:
‘Sisikhumbuzo sokuba saphuma ebukhobokeni baseJiputa ngokusebenza
kwamandla kaNdikhoyo.

15Kaloku wathi ukumkani waseJiputa akungavumi ukusikhulula, uNdikhoyo
wawabulala amazibulo abantu nawemfuyo kwelaseJiputa. Ngesi sizathu ke
amazibulo angamaduna kwimfuyo ndenzela ngawo uNdikhoyo idini. Ke
wona amazibulo oonyana ndiwakhulula ngokuwahlawulela.

16Eli siko ke liya kufana nomqondiso osesandleni okanye ebunzi, lihlale
lisikhumbuza ukuba kukusebenza kwamandla kaNdikhoyo okwasikhupha
eJiputa.’ ”

Umqulu welifu nesithatha somlilo

17Wathi ukumkani waseJiputa akuwakhulula amaSirayeli, uThixo
akawakhokela ngendlela ecanda kwelamaFilistiya, nakuba yayiyeyona
imfutshane. Kaloku uThixo wathi: “AmaSirayeli akuzibona egaxeleka
emfazweni, angafuna ukubuyela eJiputa.”

18Ngoko ke uThixo wawakhokela ngendlela yasentlango esinga kuLwandle
oluBomvu. AmaSirayeli ke aphuma eJiputa exhobele imfazwe.

19Ke kaloku uMosis wawathatha wahamba nawo amathambo kaJosefu, kuba
uJosefu wayethe kumaSirayeli: “Ngenye imini uThixo uya kuze anivelele,
anikhuphe nimke apha; ngoko ke fungani ukuba niya kuhamba nawo
amathambo am.”

20AmaSirayeli ke anduluka eSukoti, aya kuphumla e-Etam enyeleni
yentlango.

21Apho ke eluhambeni uNdikhoyo wayewakhokela ngomqulu welifu emini,
aze ebusuku awakhokele ngesithatha somlilo.

22Lo mqulu welifu ke wawuhlala uhamba phambi kwawo emini, nesithatha
somlilo sisenjenjalo ebusuku.

Eyemfuduko 14

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

KuLwandle oluBomvu

1 UNdikhoyo wayalela uMosis wathi:

2“Yitsho kumaSirayeli abuye umva, afike athi xha phambi kwePi-hahiroti phakathi kweMigdoli noLwandle oluBomvu ngaseBhali-zefon.

3Yena ukumkani waseJiputa uza kucinga ukuba niyabhadula, nivalelwe yintlango.

4Ndisaza kumqaqadekisa anisukele, ndize ndithi ndakumoyisa ndawonye nemikhosi yakhe ndizuze udumo. NamaJiputa aya kutsho aqonde ukuba ndinguNdikhoyo.” Okunene ke amaSirayeli enza ngokomyalelo lowo.

5Ukumkani ndawonye namaphakathi akhe bathi, bakuva ukuba ngenene amaSirayeli emkile, bajibilika. Ewe, suka bazisola, bathi: “Besingenwe yini kakade, ukuze senze into enje? Bekutheni ukuze siwayeke amakhoboka ethu emke?”

6Ngoko ke ukumkani waxhoba, wabopha iinqwelo zakhe zokulwa, waphuma nomkhosi wakhe.

7Wakhupha nezona nqwelo zithembekileyo zimakhulu omathandathu, zibhexeshwa ziingqwayi-ngqwayi ezaziwayo. Akashiyanga nanye kwiinqwelo zaseJiputa.

8UNdikhoyo wamenza waneenkani ukumkani waseJiputa, wawasukela amaSirayeli; aye wona phofu ehamba ngesibindi.

9Yaphuma imikhosi yamaJiputa, yasukela ngeenqwelo zamahashe. Yayiziinqwelo nabeenyawo. Yabafumana bephumle ngakuLwandle oluBomvu, kufutshane nePi-hahiroti neBhali-zefon.

10AmaSirayeli athi akubona umkhosi wokumkani waseJiputa ugaleleka, ankwantya, abhenela kuNdikhoyo.

11Abhekisa kuMosis athi: “Kungokuba kungekho mangcwaba na eJiputa, le nto usizisa entlango, ukuze sifele khona? Uyayibona ke into oyenzileyo

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ngokusikhupha eJiputa? Asiyiyo le nto sasiyithetha kuwe phambi kokuba sinduluke?

12Ewe, sasitshilo kuwe sathi siyeke sibe ngamakhoboka amaJiputa. Bekubhetele ukuba sibe ngamakhoboka awo endaweni yokuba size kufela kule ntlango!”

13Ke yena uMosis wathi kuwo: “Sanukoyika; qinani! Niza kubona; uNdikhoyo uza kunihlangula namhlanje! Ke wona la maJiputa niwabonayo namhlanje soze niphinde niwabone kwakhona!

14Zolani nina; uNdikhoyo uza kunilwela!”

15UNdikhoyo wathetha noMosis, wathi: “Sesani ke esi sikhalo nisenzayo? Yitsho amaSirayeli ahambele phambili.

16Wena yolula ingalo yakho, uphakamise induku phezu kolwandle. Amanzi aya kuhlukana kubini, aze amaSirayeli awele ehamba emhlabeni owomileyo.

17AmaJiputa ndiya kuwenza abe neenkani, atyhudise emva kwamaSirayeli. Ke mna olwam uloyiso luya kuqaqamba phezu kokumkani nemikhosi yakhe, ngokunjalo neenqwelo zakhe.

18Ndiya kuthi ndakumoyisa ukumkani wamaJiputa nomkhosi wakhe, abantu bakhe batsho bandazi ukuba ndinguNdikhoyo.”

19Kwesi sithuba ke isithunywa sikaThixo esasiwakhokele amaSirayeli sajikela ngasemva salandela. Ngokunjalo nomqulu welifu owawuwakhokela

20wajika wema phakathi kwamaSirayeli namaJiputa. Ilifu elo lasitha kwatsho kwasebusuku kumaJiputa, kodwa kwakukhanya kumaSirayeli. Loo nto ke yatsho ayabi nakuhlangana loo mikhosi mibini bonke obo busuku.

21Ngenene ke uMosis wasolula isandla sakhe phezu kolwandle, waza uNdikhoyo wathumela umoya onzima wasempuma, walududula ulwandle, kwavela umhlaba owomileyo. Umoya lowo wabhudla ubusuku bonke, aza ahlukana kubini amanzi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22AmaSirayeli awela emhlabeni owomileyo,amanzi eziindonga ngapha nangapha.

23Ke kaloku amaJiputa xa ewonke, neenqwelo kunye namahashe okumkani, axhabasha angena elwandle esukela amaSirayeli.

24Ekuzeni kokusa uNdikhoyo ekwelo lifu neso sithatha somlilo wayijonga imikhosi yamaJiputa, yatsho yaphithizela.

25Amavili eenqwelo amomana, baza baba ngathini abaqhubi zaxinga. AmaJiputa akhala athi: “UNdikhoyo uyawalwela amaSirayeli; masiwayeke sisabe.”

26Ke kaloku uNdikhoyo wayalela uMosis wathi: “Yolula isandla sakho phezu kolwandle kwakhona, ukuze amanzi awagubungele amaJiputa kunye neenqwelo zawo.”

27UMosis wenza ngokomyalelo lowo, kwaza kwathi ke ngomsobomvu amanzi athi wayi-wayi abuyela endaweni yawo. Athi ke esaduntsuza ezama ukubaleka amaJiputa, uNdikhoyo wawagubungela ngolwandle.

28Ewe, amanzi adibanisa abuyela kwindawo yawo yesiqhelo, aza ke wona amaJiputa neenqwelo zawo nawo wonke umkhosi kakumkani owawuleqa amaSirayeli wantywiliselwa lulwandle, akwasala nomnqongo lo!

29Kanti ke wona amaSirayeli awela emhlabeni owomileyo, amanzi aludonga ngapha nangapha.

30Ngaloo mini ke uNdikhoyo wawasindisa amaSirayeli kumaJiputa. AmaSirayeli ayibona imizimba yamaJiputa iqungquluze elunxwemeni lolwandle.

31Athi amaSirayeli akukubona ukusebenza kwamandla kaNdikhoyo ngokoyisa amaJiputa, angenelwa luloyiko, amhlonela. Ewe, azinikela kuNdikhoyo, akholelwa kwisicaka sakhe uMosis.

Eyemfuduko 15

Ingoma kaMosis

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Kwesi sithuba ke uMosis namaSirayeli bahlabela le ngoma, bedumisa uNdikhoyo: “Ndosuka ndintyiloze ndiculele uNdikhoyo; kaloku yena woyise wada watshatshela. Ihashe ngokunjalo nophezu kwalo ulintywilisele phakath' elwandle.

2UNdikhoyo yinqaba negwijo lam; ndinje-nje-nje ndisindiswe nguye. Nanko ke uThixo wam, ndiyamdumisa; nguThixo woobawo, ndotshila ngaye.

3“ UMhlekazi yena ulijoni; igama lakhe nguNdikhoyo.

4Umkhosi wamaJiputa neenqwelo zawo wasuka waziphos' elwandle; iingqwayi-ngqwayi zomkhosi ezinamagama uzigubungele ngoLwandl' oluBomvu.

5Ngoku zambathiswe yinzonzobila; suka zazika ngathi lilitye.

6“Hayi kamb' isandla sakho, Ndikhoyo, yingwanyalal' etshatsheleyo! Ewe, isandla sakho, wena Ndikhoyo, siyaluvikiva utshaba lwakho.

7Ngangamsh' engatshonelwa langa, ezikhahlela phants' izibhoja; umavulel' umsindo ozayo, uzithi lenye ngathi kutsh' ingca!

8Ngokuphefumla kwakho nje qha suka ulwandle lwaba ziingqimba, amanzi asuka aba ludonga, inzonzobila yolwandle yakhenkceza.

9Utshaba lwathi: ‘Mandisukele ndibabambe. Ndiya kuxhaphaz' amaxhoba, ndizanelise. Ndiya kuxhoba ndif' amacala, nditshayele nditshabalalise ngekrele.’

10Suka ke uNdikhoyo wafutha, kwaba kanye antywiliseleka amaJiputa. Ewe, azika nywam emanzini, kwanga kukweyela kwesinyithi.

11“Kodw' angavela ph' onjengawe, Ndikhoyo, obalasele kangaka ngobunyulu, omiqondiso ikhamnqisa kangaka, ozenzo zimangalisa ngokuncamisayo?

12Wathi wakusolula esakho isandla, umhlaba wazithi bimbilili iintshaba zethu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Thembekil' othando lungatshitshiyo, uyabakhokel' abant' obahlawuleleyo;
ngobungangamsha bakho ubathundezile, bagaleleka kwikhaya lakho
elingcwele.

14Izizwe zithe zingeva zaphithizela liphaphu, atshw' amaFilistiy' arhwaqela
luvalo.

15Iinkosi zakwaEdom zibamb' ongezantsi; izinxiba-mxhaka zakwaMowabhi
ziyatyhwatyhwa. Asisathethi ke ngezima-mhlaba zaseKanana, kuba zona ziya
kunyibilika.

16Suka zazibhija-bhija zinkwantya; ngobungangamsha bakho zaw' isiduli. Baz'
abakaNdikhoyo bagqitha bengcambaza; nditsho abakhululwa
awabathengayo.

17Wabathatha wabemisa entabeni yakho, ndawo leyo ilikhaya lakho,
Ndikhoyo; ewe, endlwini yakho, Ndikhoyo, leyo wazakhela yona.

18Hayi ke bethu, yena uNdikhoyo uya kulawula ngonaphakade
kanaphakade."

Ingoma kaMiriyam

19Kaloku kwathi esakungena elwandle amahashe okumkani neenqwelo
nabaqhubi, uNdikhoyo wawagubungela ngamanzi, atshona. Kanti ke wona
amaSirayeli aluwela ulwandle ehamba emhlabeni owomileyo.

20Ke kaloku umshumayelikazi uMiriyam, udade boAron, waqubula igubu
lakhe, baza bonke ababhinqileyo bamlandela namagubu abo, batsho
ngentsholo bengqungqa.

21UMiriyam ke wahlabela ingoma wenjenje: "Hoyina! Memelelani nitsholoze!
UNdikhoyo woyise wada watshatshela! Ihashe ngokunjalo nophezu kwalo
ulintywilisele phakath' elwandle."

Amanzi akrakrayo

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22UMosis ke wawakhokela amaSirayeli, balushiya uLwandle oluBomvu, baya
kungena kwintlango iShure. Baba ntsuku-ntathu behamba kuloo ntlango;
bengafumani manzi.

23Ngelikade baya kufika kwindawo ekuthiwa yiMara. Apha ke bawafumana
amanzi, koko ayekrakra engaseleki. Kungenxa yeso sizathu kwakusithiwa
nguKrakrayo nje igama layo.

24Ke kaloku amaSirayeli amkhalazela uMosis, athi: “Uthi siza kusela ntoni
ke?”

25UMosis wakhala kuNdikhoyo, waza ke yena wathi makakhe ihlamvu lomthi
othile, alifake emanzini apho. Akuba enjenjalo ke, baphela ubukrakra
emanzini, aba nokuselwa. Apha ke kulapho wabanika imimiselo
yokuziphatha uNdikhoyo, wabavavanya.

26Wenjenje ukuthetha: “Ukuba nithe nandithobela ngokupheleleyo, nenza
okuhle nokufanelekileyo ngokuhamba ngemimiselo yam, soze ndinohlwaye
ngezibetho nezifo endaziwisela amaJiputa. Kaloku mna ndinguNdikhoyo,
ugqirha wenu.”

27Kamva ke bafika e-Elim, apho kwakukho imithombo elishumi elinambini,
nemithi yesundu engamashumi asixhenxe. Bahlala ke bakhe baphumla
kufuphi naloo manzi.

Eyemfuduko 16

Imana kunye nezagwityi

1Ke kaloku amaSirayeli anduluka e-Elim, aza athi ngenyanga yesibini kusuku
lweshumi elinesihlanu andulukayo eJiputa, agaleleka kwintlango iSin. Yona
ke iphakathi kwe-Elim neSinayi.

2Kanye ke apho kuloo ntlango amaSirayeli abakhalazela ooMosis noAron,

3athi kubo: “Akwaba uNdikhoyo wayesibulalele eJiputa. Kaloku noko khona
sasisitya inyama; kanti ke nokunye ukutya sasikutya side sikushiye. Kuba

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

kucacile nisizise kule ntlango ukuze eli bandla xa lilonke nilichane ngendlala life.”

4UNdikhoyo wathetha noMosis wathi: “Uyabona ke ndiza kuthoba ukutya kune njengemvula, ukuze nonke nitye. AmaSirayeli makaphume aye kuzicholela ukutya okulingene imini mihla le. Ndizimisele ukukhe ndiwavavanye ndiwaqonde ukuba azimisele na ukuwuthobela umyalelo wam.

5Kodwa ke ngomhla wesithandathu makaqokelele azilungiselele ukutya kwemihla emibini.”

6Ngoko ke uMosis noAron bathetha nawo amaSirayeli, bathi: “Ngokuhlwanje niza kuqonda ukuba nguNdikhoyo owanikhupha eJiputa,

7kuba ngomso kusasa niya kukubona ukuqaqamba kobukho bukaNdikhoyo. Kaloku yena uzivile izikhalazo zenu; gxebe besingoobani ukuba ningade nisikhalazele thina?”

8UMosis waqhuba wathi: “UNdikhoyo uza kunipha inyama, nitye ngokuhlwa, kanti nakusasa uza kunipha isonka, nitye nihluthe, kuba uzivile izikrokro zenu enimkhalazela ngazo. Kakade ke besingoobani thina? Hayi bo! Anikrokreli thina, nikrokrela uNdikhoyo!”

9UMosis wayalela uAron ukuba axelele amaSirayeli aphume aye kubonana noNdikhoyo njengoko ezivile izikhalazo zawo.

10Esathetha nje uAron, athe amaSirayeli akukhangela ngasentlango abubona ubuqaqawuli bukaNdikhoyo bubengezela efini.

11Wathi ke uNdikhoyo kuMosis:

12“Xelela amaSirayeli ukuba ndizivile izikhalazo zawo; ngoko ke ngokuhlwa ndiya kuwanika inyama atye, ndize ngentsasa elandelayo ndiwaphe intaphane yesonka, khon' ukuze andiqonde ukuba ndinguNdikhoyo uThixo wawo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Kwathi ke ngongcwalazi kwagaleleka igquba lwezagwityi, lwathi khakhalala kuyo yonke loo ndawo ayemise kuyo amaSirayeli. Kanti ke ngengomso kwasa kulele umbethe.

14Kuthe ke wakuvuthuluka umbethe lowo kwasala uqweqwe olungathi yiqabaka, lwawambathisa umhlaba.

15AmaSirayeli athe akuyibona le nto angayaziyo, abuzana athi: “Yintoni le?” UMosis ke wathi kuwo: “Oku kukutya enikuphiwa nguNdikhoyo.

16Uthe umntu ngamnye kuni makathathe kangangesisu sakhe. Lowo uthathela umzi wonke wolinganisela ukuba umntu ngamnye afumane iilitha ezimbini.”

17Ke kaloku amaSirayeli enza ngokomyalelo lowo, abanye bathatha kakhulu, baza bambi bathatha kancinci.

18Kodwa ke athe akukufaka emlinganisweni ukutya oko afumanisa ukuba othathe kakhulu akagqithisanga, kanti ke nothathe kancinci akalambathi. Umntu ngamnye wathatha ngokwentswelo yakhe.

19UMosis wayalela ukuba kungabikho mntu ushiya mbeko.

20Kambe ke abanye abamphulaphulanga bakubeka. Ngengomso ke kwasa kubolile kuneempethu, waza ke uMosis wakhathazeka.

21Ngazo zonke iintsasa babethatha kangangezisu zabo. Kwakusithi ke lakuba shushu ilanga kunyibilike kuphele oko kutya kwabo.

22Ngomhla wesithandathu ke ukutya bakuthatha ngokuphindwe kabini, umntu ngamnye waneelitha ezine. Ke iinkokheli le nto zayixela kuMosis

23owathi yena kuzo: “UNdikhoyo usiyale wathi ngomso ngumhla owodwa wokuphumla, lusuku oluphawulelwe yena. Ngoko ke bhakani namhlanje xa nifuna, futhi nipheke kwanamhlanje, okuseleyo ke nikugcinele ingomso.”

24Okuseleyo ke bakugcinela ingomso ngokokutsho kukaMosis. Kona ke zange konakale.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

25UMosis ke wathi kubo: “Yityani namhlanje, kuba olu lusuku lokuphumla oluphawulelwe uNdikhoyo; ngalo aniyi kukufumana ukutya phandle phaya.

26Oku kutya ningakuqokelela iintsuku zibe ntandathu, kodwa ke ngolwesixhenxe nguMhla wokuPhumla; ngawo ke akukho.”

27Kambe ke nangoMhla wokuPhumla bambi abantu baphuma baya kufuna ukutya, nto nje abakufumananga.

28UNdikhoyo wabhekisa kuMosis wathi: “Koda kube nini ningandithobeli, bantundini?

29Kaloku ndaninika uMhla wokuPhumla; kungenxa yaloo nto ke ndininika ukutya kweentsuku ezimbini nje ngomhla owandulela owokuphumla. NgoMhla wokuPhumla wonke umntu makangenzi nto, angaphumi ekhaya.”

30Ngenene ke abantu baphumla ngoMhla wokuPhumla.

31Oku kutya ke amaSirayeli akuthiya igama athi yimana. Yona ke yayifana nembewu yekoriyanda imhlophe, emlonyeni ingathi ngamaqebengwana enziwe ngobusi.

32UMosis wabaxelela umyalelo kaNdikhoyo, wathi: “UNdikhoyo uthe: ‘Thathani iilitha zibe mbini zemana, nizigcinele izizukulwana ezizayo, ukuze nazo zikubone ukutya endanondla ngako entlango ukunikhupha kwam eJiputa.’ ”

33UMosis wayalela uAron wathi makathathe iilitha zibe mbini zemana, azifake engqayini, azibeke esibingelelweni phambi koNdikhoyo, ibe nokubonwa nazizizukulwana ezizayo.

34Ngokomyalelo kaNdikhoyo ke uAron wayithatha, wayibeka kwityesi yomnqophiso, ukuze igcinakale.

35Ke kaloku yaba yiminyaka emashumi mane amaSirayeli esitya imana leyo, ada afika eKanana, apho ema khona.

© 1996 Bible Society of South Africa.

36(Umlinganiselo ovunyiweyo ke waloo maxesha wawuyiefa, engangamashumi amabini eelitha. Isishumi sayo yayiyioma, engangeelitha ezimbini.)

Eyemfuduko 17

Amanzi ampompoza eliweni
(Ntlango 20:1-13)

1Ekuphumeni kwintlango iSin onke amaSirayeli ahamba amabanga ngamabanga ngokuyalelwa nguNdikhoyo, ada aya kufika eRefidim, akhe aphumla khona. Kule ndawo ke ayengekho amanzi.

2AmaSirayeli asuka ke alwa noMosis, athi: “Sinxaniwe; siphe amanzi!” UMosis wathi kuwo: “Kutheni nisilwa nam nje? Nimlingelani uNdikhoyo?”

3Kambe ke amaSirayeli akayekanga ukumkhalazela uMosis, kuba ayenxaniwe. Athi: “Kodwa kodwa, ungathini ukusikhupha eJiputa, ukuze uze kusichana ngonxano, thina nentsapho nemfuyo yethu?”

4UMosis wazibika kuNdikhoyo, wathi: “Kodwa ndiza kubathini aba bantu? Bangasuka bandixulube ngamatye.”

5UNdikhoyo wayalela uMosis, wathi: “Thatha amadoda amakhulu, uhambe nawo, uwashiye amaSirayeli; ungayishiyi induku yakho owabetha ngayo umlambo iNayile.

6Ke mna uya kufika ndikulinde eliweni eHorebhe. Libethe iliwa elo. Kuya kumpompoza amanzi, amaSirayeli abe nokusela.” Yonke ke le nto uMosis wayenza ekunye namadoda amakhulu.

7Le ndawo ke yathiywa igama kwathiwa yiMasa neMeribha, kuba kaloku apha amaSirayeli alwa noMosis, amvavanya uNdikhoyo, esithi: “Ukho na phakathi kwethu uNdikhoyo, nokuba hayi?”

Idabi nama-Amaleki

8Apha eRefidim ke ama-Amaleki eza ahlasela amaSirayeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.

9UMosis ke wayalela uYoshuwa wathi: “Khetha amadoda athile, niphume niye kulwa nama-Amaleki. Ngomso mna ndiya kuma phezu kwentaba ndiphethe laa nduku ndiyinikwe nguThixo.”

10UYoshuwa wenza ngokomyalelo kaMosis, baphuma baya kulwa nama-Amaleki. Ke yena uMosis, enoAron noYuri, benyukela phezu kwentaba.

11Ngalo lonke ixesha uMosis eziphakamisile izandla zakhe, amaSirayeli ayewagxotha ama-Amaleki; kodwa athi akuzithoba izandla, oyiswe amaSirayeli.

12Wathi akudinwa uMosis, uAron noYuri bamhlalisa elityeni, bamxhaka, baphakamisa iingalo zakhe lada latshona ilanga.

13Ngale ndlela ke uYoshuwa wawaswantsulisa ama-Amaleki.

14 UNdikhoyo ke wathetha noMosis, wathi: “Yibhale ingcombolo yale mfazwe, khon' ukuze ingaze ilibaleke. Xelela uYoshuwa ukuba ndizimisele ukuwacim' igama ama-Amaleki kwelimiweyo.”

15UMosis wenza iqonga lamadini, wathi igama lalo nguNdikhoyo intshinga yam,

16esithi: “Yiphakamiseni intshinga kaNdikhoyo. UNdikhoyo uya kulwa naye uAmaleki kude kube ngunaphakade.”

Eyemfuduko 18

UJetro utyelela uMosis

1Ke kaloku uyise womka-Mosis uJetro, owayengumbingeleli waseMidiyan, weva ngezinto awayezenzelwe nguThixo uMosis kunye namaSirayeli, ukubakhupha kwakhe eJiputa.

2Wasuka weza kuMosis, ehamba noZipora umka-Mosis,

3noGershom noElizere oonyana bakhe, kuba kaloku bona wayebabuyisele ebukhweni bakhe. UMosis wathi xa ethiya omnye woonyana bakhe wathi nguGershom, kuba esithi: “Ndandingumbhaceli kwelasemzini.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Waza ke omnye wathi nguElizere, kuba esithi: “UThixo woobawo wandinceda wandihlangula kwikrele lokumkani waseJiputa.”

5OoJetro ke badibana noMosis entlango, emise ngasentabeni kaThixo.

6Lafika ke ilizwi kuMosis, livela kuJetro, esithi: “Ndiyeza nomkakho noonyana bakho bobabini.”

7Waphuma ke uMosis, wabahlangabeza. Akufika kuyise womkakhe wakhahlela wamanga. Babuzana impilo ke, baya kungena endlwini kaMosis.

8UMosis wabalisela uJetro ngazo zonke izenzo zikaNdikhoyo kumaJiputa, ngokunjalo nangamasuka-ndihlala amaSirayeli ekuphumeni kwawo eJiputa ekhokelwa nguNdikhoyo.

9UJetro wavuya kakhulu akuziva ezo ndaba zimnandi zokuhlangulwa kwamaSirayeli nguNdikhoyo kumaJiputa.

10Wadanduluka wathi: “Makabongwe uNdikhoyo onihlangule kukumkani waseJiputa nabantu bakhe.

11Ngoku nam ndiyangqina ukuba ehlabathini akakho olingana noNdikhoyo, kuba yena amaSirayeli uwahlangule kolungaka lona ulunya lwamaJiputa.”

12Ngoko ke uJetro wenzela uThixo idini elitshiswayo neminye imibingelelo. Ke uAron, ekunye namadoda amakhulu akwaSirayeli, beza baxhamla izidlo ezo kunye noJetro umkhwe kaMosis, bekhonza uThixo.

Ukumiselwa kwabalamli
(Hlaz 1:9-18)

13Kwangentseni ngomhla olandelayo uMosis waba sisinxadanxada, echophele amatyalala, esombulula iingxaki zamaSirayeli kwada kwahlwa.

14Uthe ke uJetro akuyibona le meko yokuxakeka kukaMosis, wabuza wathi: “Khawutsho, yintoni kanye le niyenzayo naba bantu bakho? Khona, ngani ukuba ube wedwa, bona beze bengumngcelele, bafike bakuphahle kwangentseni kude kuhlwe?”

© 1996 Bible Society of South Africa.

15UMosis waphendula wathi: “Kaloku aba bantu beza kum khon' ukuze
ndibabeke emkhondweni mayela nentando kaThixo,

16kuthi xa benembambano beze kum ukuze ndibalamle ndibachazele
imimiselo nemiyalelo kaThixo.”

17Ke yena uJetro wathi kuMosis: “Hayi, nyana, olu hlobo wenza ngalo
alulunganga.

18Ngale ndlela uqhuba ngayo uyaziqoba. Uya kuxhwaleka uphel' amandla;
naba bantu baya kudinwa yile nto. Kaloku umsebenzi onje awukulinganga
uwedwa.

19Khawuphulaphule ke ndikucebise; ngamana wakunceda ke uThixo. Into
ofanelwe kukuyenza kukuzakuzelela abantu kuThixo, use imicimbi yabo
kuye.

20Wena kufuneka ubafundise imimiselo nomthetho kaThixo, ubacacisele
indlela yokuziphatha, nako konke okulindelekileyo kubo.

21Ngaphezulu khetha amadoda aziinkokheli ezifanelekileyo, uwamisele phezu
kwamaqela ahlulwa-hlulwe angamawaka, amakhulu, namashumi
angamahlanu njalo-njalo. La madoda ke mayibe ngabantu abamthobelayo
uThixo, abathembekileyo, abantu abanganyobekiyo.

22Wona isigxina sawo mayibe kukuchophela imicimbi yaba bantu. Imicimbi
elula makayiphicothe ayilungise ngokwawo, ke yona imicimbi ewaxakayo
ayizise kuwe. Ngale ndlela ke nawo aya kuba nenxaxheba kulo msebenzi
wakho, akuphungulele umthwalo.

23Ukuba wenjenje ke ngokuvuma kukaThixo, awuyi kuqobeka, futhi ke
nabantu aba baya kutsho bavisisane.”

24Ngenene ke uMosis wenza ngokwecebo likaJetro,

25wawakhetha amadoda afanelekileyo kumaSirayeli, wawamisela
aziinkokheli phezu kwamaqela ahlulwa-hlulwe angamawaka, amakhulu,
namashumi ngamahlanu njalo-njalo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[26]Wona ke aba ngabalamli abavunyiweyo bokuphicotha imicimbi yamaSirayeli. Yonke imicimbi elula yayisonjululwa ngawo, ithi ke ewaxakayo ayigqithisele kuMosis.

[27]Ke kaloku uMosis wamkhulula uJetro, waphindela kwelakowabo.

Eyemfuduko 19

AmaSirayeli eSinayi

[1-2]Kanye ukuphela kwenyanga yesithathu amaSirayeli aphumayo eJiputa, amaSirayeli anduluka eRefidim, aya kugaleleka kwintlango yeSinayi, emisa phantsi kwentaba iSinayi.

[3]Ke yena uMosis wenyuka intaba, waya kuThixo. UNdikhoyo wambiza wathi: “Thetha namaSirayeli, inzala kaYakobi, uthi:

[4]‘Niyibonile imimangaliso endiyenzileyo mna Ndikhoyo kumaJiputa, nokuba nani ndanisondeza ndanithwala ngokokhozi luthwele amathole alo.

[5]Ngoku ke, ukuba niyandithobela, nenze ngokomnqophiso wam, niya kuba ngabantu bam ncakasana. Kaloku lelam ihlabathi liphela,

[6]kambe ke nina niya kuba ngababingeleli basebhotwe, nibe luhlanga olulodwa.’ Ngawo la ke amazwi omawuwabhekise kumaSirayeli.”

[7]UMosis wehla ke entabeni, wawadibanisa amadoda amakhulu, wawaneka umyalelo kaNdikhoyo phambi kwawo.

[8]Aphendula ke amaSirayeli xa ewonke athi: “Zonke izinto azithethayo uNdikhoyo siya kuzenza.” UMosis wawugqithisa ke umlomo wamaSirayeli kuNdikhoyo.

[9]UNdikhoyo wathi kuMosis: “Ndiza kuza kuwe ndikwilifu elingqingqwa, ukuze ndithethe nawe amaSirayeli ekho, khon' ukuze angaze akuthandabuze.” UMosis waxelela uNdikhoyo akuthethileyo amaSirayeli.

[10]UNdikhoyo wayalela uMosis wathi: “Yitsho bonke abantu bazenze nyulu, bacoceke ngokupheleleyo namhlanje nangomso, balungiselele ukunqula. Impahla yabo mabayihlambe

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[11]ukuze ngomsomnye babe sebelungile. Ngaloo mini ke ndiya kuhla ndize apha eSinayi, nabantu bebukele.

[12]Jikeleza intaba le, wenze umda ongayi kutsitywa ngamaSirayeli. Ngokunjalo baxelele abantu ukuba mabangasondeli okanye benyuke entabeni apho. Umntu okhe wathi cakatha entabeni apho makabulawe.

[13]Ewe, umntu onjalo makagityiselwe ngamatye, okanye achanwe ngotolo, afe engachukunyiswanga ngasandla. Nesilwanyana esisondeleyo ke masibulawe kwangaloo ndlela. Kuya kuthi ke wakuvakala umntyangampo wokukhala kwexilongo, abantu benyuke beze entabeni.”

[14]UMosis wehla ke entabeni, wabaxelela abantu ukuba mabalungele ukunqula. Ngenene ke bahlamba bacoceka.

[15]Ngaphezu koko ke wabayala ukuba babe sebelungile ngomsomnye; ngelo thuba ke amadoda angahlangani nababhinqileyo.

[16]Ngentsasa yomhla wesithathu ke zavakala izabhokhwe zeendudumo, yabe yona ke imibane itshawuza, kwaza kwabonakala nelifu elingqingqwa apho entabeni. Asisathethi ke ngomtyangampo wexilongo owabetha kwathi nkxwee, kangangokuba abantu bagubha luloyiko esikhululweni.

[17]Ke kaloku uMosis waphuma nabo besiya kuThixo, baza ke bema emazantsi entaba.

[18]Yonke intaba iSinayi yambathiswa sisithokothoko somsi, kuba uNdikhoyo wehlela kuyo engathi ungumlilo. Umsi lowo ke wanyuquza ngathi uphuma eziko, yaza intaba yanyikima ngamandla.

[19]Kanti ke nesandi sexilongo saya sikhula ngakumbi. Waza wathetha ke uMosis, naye uThixo waphendula ngeendudumo.

[20]Ke kaloku uNdikhoyo wehla wathi ngcu phezu kwencochoyi yentaba iSinayi, wathi kuMosis makenyukele khona naye,

© 1996 Bible Society of South Africa.

21waza ke wathuma uMosis, wathi: “Yihla ufike ubayale abantu hleze bawutsibe umda, beze kundibuka, kuba xa beyenzile loo nto luya kufa uninzi lwabo.

22Nkqu nababingeleli abasondelayo kum mabahlambuluke, hleze ndibatshabalalise.”

23UMosis waphendula wathi: “Kaloku, Mhlekazi, abantu abanako ukunyuka beze entabeni, kuba ubusiyalile wathi intaba masiyahlule siyijikeleze ngomda, khon' ukuze kungabikho nto isondelayo kuyo.”

24UNdikhoyo wathi kuye: “Hamba uye kuthatha uAron, uze naye apha. Kodwa ke bona ababingeleli kunye nabanye abantu bangàkhe balinge bawutsibe umda, hleze ndibatshabalalise.”

25Ngenene ke uMosis wehla, wafika wabaxelela abantu into ethethwe nguNdikhoyo.

Eyemfuduko 20

Umnqophiso
(Hlaz 5:1-21)

1Ke kaloku uThixo wathetha wenjenje:

2“Mna ndinguNdikhoyo uThixo wakho owakukhulula eJiputa apho wawulikhoboka khona.

3“Ungaze unqule thixo wumbi ngaphandle kwam.

4“Ungaze uziqingqele umfanekiso wothixo, nditsho nokuba ngowantoni na esesibhakabhakeni phezulu, okanye esemhlabeni phantsi, okanye nokuba yeyasemanzini aphantsi komhlaba.

5Ungaze ukhahlele unqule umfanekiso oqingqiweyo; kuba mna Ndikhoyo Thixo wakho ndinguThixo onekhwele. Ndiyabohlwaya abandithiyileyo; ewe, ndohlwaya ooyise ndide ndiye kuqhina kwesesithathu nakwesesine isizukulwana sabo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

6Kodwa ke ndiphuphuma izibele kumawaka-waka abo bandithandayo,
beyithobela imiyalelo yam.

7“Ungaze ulikhankanye ngelize igama lam; kaloku mna Ndikhoyo Thixo
wakho andiyi kumxolela ofumana alibize igama lam.

8“Hlala uwukhumbula uMhla wokuPhumla, uwugcine ulusuku olulodwa
lukaNdikhoyo.

9Sebenza imihla emithandathu, uwenze wonke umsebenzi wakho.

10Ke wona umhla wesixhenxe lusuku lwam olulodwa lokuphumla. Ngoko ke
makungabikho mntu usebenzayo ngalo mhla;nditsho nawe, umntwana
wakho, nesicaka sakho, nemfuyo yakho, ngokunjalo nomngeneleli ohlala
phakathi kwenu.

11Kaloku mna Ndikhoyo ndênza umhlaba, nesibhakabhaka, nolwandle, nako
konke okulapho kwezo zinto, ngeentsuku ezintandathu, ndaza ke ndaphumla
ngomhla wesixhenxe. Ngenxa yaloo nto ke lo mhla ndawukhetha ukuze ube
lusuku olulodwa lokuphumla.

12“Mhlonele uyihlo ndawonye nonyoko, khon' ukuze ube nokuzinza kwelo
lizwe ndikunika lona mna Ndikhoyo Thixo wakho.

13“Musa ukuba sisibulala-mntu.

14“Musa ukukrexeza.

15“Musa ukûba.

16“Musa ukungqina ubuxoki ngomnye umntu.

17“Musa ukunqwenela umzi womnye umntu, nokuba ngumfazi wakhe,
nokuba sisicaka sakhe okanye isicakakazi sakhe, nokuba yinkomo yakhe,
nokuba yidonki yakhe, okanye nantoni na eyeyomnye umntu.”

UThixo uvavanya amaSirayeli
(Hlaz 5:22-33)

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

18Athi ke amaSirayeli akuziva iindudumo, nokuhlokoma kwexilongo,
akubona nemibane itshawuza, nentaba ilitsili ngumsi, suka angcangcazela
kukoyika, angcachela phaya.

19Abhekisa kuMosis, athi: “Mayibe nguwe othetha nathi; siya kukuva.
Mayingabi nguThixo ngokwakhe othetha nathi, hleze sife.”

20UMosis wathi ebantwini: “Sanukoyika, kuba uThixo uyanivavanya nje,
khon' ukuze nihlale nimhlonele, ningawexulwa kukona.”

21Kambe ke abantu bona bahlala bechasele, àbavuma ukusondela,
yanguMosis yedwa okufuphi kwelo lifu limnyama lingumqondiso wobukho
bukaThixo.

Imithetho mayela neqonga lamadini

22 UNdikhoyo wayalela uMosis, wathi: “Yithi kumaSirayeli: ‘Ngoku ke
nindivile, mna Ndikhoyo, xa bendithetha nani ndisezulwini.

23Ngoko ke, indim nje uThixo wenu, sanukundidibanisa nezithixo ezenziwe
ngesiliva okanye igolide.

24Mna ndenzeleni iqonga lamadini ngomhlaba, nize nithathe iinkomo,
iigusha, okanye iibhokhwe, nenze ngazo amadini atshiswayo ngokunjalo
namadini obudlelwane. Naphi na apho ndininike khona indawo yokunqula
ndiya kuza ndinithamsanqelise.

25Xa nindenzela iqonga lamadini ngamatye sanukuwaqingqa, kuba xa
nisebenzisa izixhobo niwaqingqa selexabhelekile kum.

26Xa nindakhela iqonga lamadini makungayiwa ngezinyuko kulo, hleze nithi
xa ninyukayo zihlubeke izambatho zenu, nibe ze.’ ”

Eyemfuduko 21

Ukuphathwa kwamakhoboka
(Hlaz 15:12-18)

1“Nantsi ke imimiselo oya kuyinika amaSirayeli:

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Umntu othe wathenga ikhoboka elingumHebhere liya kumkhonza iminyaka ibe mithandathu, lize ngowesixhenxe likhululwe lingahlawulelwanga nto.

3Ukuba langena ebukhobokeni lilisoka, liya kumka lilodwa. Kanti ke ukuba langena ebukhobokeni linomfazi, liya kukhululeka kunye naye.

4Xa lifike lingenamfazi, yaza inkosi yalo yalinika umfazi, waza wazala abantwana, abo bantwana nalo mfazi ngabenkosi yalo; xa likhululekayo liya kubashiya apho.

5Kodwa ke xa lithe ngokuphandle: ‘Hayi, ndiyakholwa yinkosi yam, ndiyamthanda nomkam, ngokunjalo nabantwana bam, ngoko ke ndikhetha ukungakhululeki,’

6inkosi yalo ke iya kulithatha ilise esibingelelweni phambi kukaThixo; apho ke iya kulayamisa elucangweni okanye emgubasini, ize iligqobhoze indlebe ngenyatyhoba. Yakuba ilenjenjalo ke, liya kuba ngumkhonzi wayo bonke ubomi balo.

7“Xa umntu ethengise intombi yakhe yalikhoboka, yona ayinakukhululeka okwekhoboka eliyindoda.

8Ukuba indoda leyo ibiyithengile ukuba ibe ngumfazi wayo, ize ithi kamva inganeliseki yiyo, kufuneka ivumele abantu bakowayo ukuba bayikhulule ngokuyithenga. Akuvumelekanga ukuba isuke iyithengise kwabasemzini; kaloku izaphule izigqibo.

9Ukuba iyithengele unyana wayo, mayiyiphathe njengentombi yayo.

10Xa indoda ithatha umfazi wesibini, mayingayeki ukumondla nokumnxiba nokumenza umfazi lo wokuqala.

11Ukuba ayiwafezi la malungelo mayimkhulule angahlawulelwa.”

Imithetho ngobundlobongela

12“Umntu obethe omnye wamenzakalisa wafa, makabulawe.

13Kodwa ke ukuba umbulele ngengozi, makabalekele endaweni endiyimisele abasabi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

14Kambe ke yena umntu obulele omnye ngolunya, nokuba angade abalekele eqongeni lamadini, makasuswe apho abulawe.

15“Umntu ohlasela uyise nokuba ngunina, makabulawe.

16“Umntu oqweqwedisa omnye aze amthengise okanye abanjwe esenaye, makabulawe.

17“Umntu othuka uyise nokuba ngunina, makabulawe.

18“Ukuba amadoda amabini axabene, yaza enye yabetha ngelitye okanye ngenqindi yayenzakalisa leyo ibisilwa nayo, kwaza kwafuneka ukuba khe ilale ngandletyana-nye,

19ukuba ibuye yakwazi ukuhamba-hamba isimelela, mayingohlwaywa le yenzakalisileyo, nto nje mayihlawule eli xesha liyilahlekeleyo ngokulala igula, futhi iyinyange ide iphile.

20“Ukuba umntu ulibethe ngentonga ikhoboka lakhe eliyindoda noba libhinqile, laza lafa ngoko nangoko, makohlwaywe.

21Kambe ke ukuba ikhoboka elo life emva kosuku okanye iintsuku ezimbini, akayi kohlwaywa. Kaloku ikhoboka belilelakhe.

22“Xa ababini bethe besilwa baya kuphoseka kumfazi okhulelweyo, waza ngenxa yaloo nto akenzakala kodwa sona isisu saphuma, lo usisizekabani sale ntlekele uya kudliwa ngokubona kwendoda yaloo mfazi, yakuba icetyiswe ngabalamli.

23Kodwa ke ukuba umfazi lowo uthe wenzakala, ubomi mabubuyekezwe ngobomi,

24iliso ngeliso, izinyo ngezinyo,isandla ngesandla, unyawo ngonyawo,

25umlilo ngomlilo, uduma ngoduma, umvumbo ngomvumbo.

26“Xa umntu elibethe walityhaphaza ikhoboka lakhe, liyindoda okanye libhinqile, makalikhulule ukuhlawula elo liso.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

27Kanti ke nokuba ulibethe kwapoq' izinyo wolikhulula ukuhlawula elo zinyo.”

Uxanduva lwabafuyi

28“Xa inkunzi yenkomo yomntu othile ithe yahlaba umntu wafa, mayixulutywe ngamatye ide ife, inyama yayo ingàtyiwa. Ke yena umnini wayo akanatyala.

29Kambe ke ukuba inkomo leyo ibiqhelile ukuhlaba abantu, abe nomniniyo eyaliwe, kodwa akayigcina, yaza yahlaba umntu yambulala, mayixulutywe ngamatye ife, ngokunjalo nomniniyo abulawe.

30Phofu ke ukuba kubonakala ukuba umniniyo lowo makamiselwe umdliwo ukusindisa ubomi bakhe, kofuneka akhuphe loo nto ibizwayo njengoko injalo.

31Nokuba inkomo leyo ihlabe yabulala inkwenkwe okanye intombazana, logwetywa kwangaloo ndlela elo tyala.

32Xa ke inkomo leyo ihlabe yabulala ikhoboka eliyindoda okanye elibhinqileyo, umniniyo wokhupha intlawulo yeesiliva ezingamashumi amathathu, ke yona inkomo leyo ixulutywe.

33“Ukuba umntu ushiye umngxuma uvulekile, okanye umbe umngxuma akawugquma, kwaza kweyela inkomo noba yidonki kuwo, ummbi-mngxuma lowo

34makayihlawule loo nto yeyeleyo, kodwa ke lona ixhoba elo loba lelakhe.

35“Ukuba ke iinkuzi zeenkomo zabantu ababini zenzakalisene, yaza enye yazo yafa, aba babini mabathengise le iphilayo, ize ixabiso layo bahlulelane ngalo, ngokukwanjalo bahlulelane ngayo nale ifileyo.

36Xa le nkomo ibulele enye ibe iqhelile ukwenza lo mkhwa, kodwa akayigcina umniniyo, makavuse le ifileyo ngephilayo; ke yona le ifileyo yoba yeyakhe.”

Eyemfuduko 22

© 1996 Bible Society of South Africa.

Imithetho mayela nentlawulo

1“Xa umntu ebe inkomo okanye igusha, waza wayixhela okanye wayithengisa, makahlawule iinkomo ezintlanu ngenkomo enye, aze ahlawule iigusha ezine ngegusha enye.

2“Ukuba ngaba isela libhaqwe liqhekeza ebusuku, laza labulawa, akanatyala lowo ulibuleleyo.

3Kambe ke ukuba le nto yenzeke emini, woba netyala lokubulala lowo ulibuleleyo.

4“Into umntu ayibileyo makayihlawule. Ukuba kuthe kanti ungumntu ongenanto, makathengiswe abe likhoboka ukubuyekeza ubusela obo. Ukuba ke inkomo, idonki, okanye igusha, leyo ayibileyo, ifunyenwe kuye isaphila, wohlawula zibe mbini ngenye.

5“Ukuba umntu uthe ebhuqisa intsimi yakhe yaza impahla yaphumela kweyomnye, umonakalo lowo makawuhlawule ngemveliso yentsimi yakhe.

6“Xa umntu etshisa entsimini yakhe, waza umlilo lowo wanwenwela entsimini yomnye umntu, watshisa ukutya osekuvuniwe okanye okungekavunwa, loo monakalo mawuhlawulwe nguloo mntu uqale umlilo.

7“Xa umntu egcinise omnye impahla ethile okanye imali, yaza ke yebiwa apho kuye, xa libanjiwe isela eliyibileyo liya kuyihlawula ngokuphindiweyo;

8kanti ke xa lingafumaneki, umgciniswa lo uya kusiwa esibingelelweni phambi kukaThixo, afunge ukuba ngenene le nto ibiweyo ayikho kuye.

9“Kuyo yonke imicimbi yembambano nokuba inxulumene neenkomo, iidonki, iigusha, impahla yokunxiba, okanye nantoni na elahlekileyo, abo babangisanayo mabasiwe esibingelelweni phambi kukaThixo. Lowo uthe wagwetywa ke nguThixo uya kumhlawula ngokuphindiweyo ogwetyelweyo.

10“Xa abantu ababini begcinisene iidonki, iinkomo, iigusha, okanye nasiphi na isilwanyana, saza safa okanye senzakala, kungenjalo sibiwe, kungabikho ngqina,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11umgciniswa lowo makaye kufunga esibingelelweni phambi kukaThixo ukuba umsulwa kule nyewe. Ukuba ke le mfuyo kubanjenwe ngayo ayibiwanga ngumgciniswa, umniniyo makaselexola, umgciniswa angayivusi.

12Kodwa ke ukuba imfuyo leyo ibiwe nguye, makayihlawule.

13Kambe ke ukuba kufumanisekile ukuba iqwengwe ngamarhamncwa, lo iqwengwe ikuye makezise ixhwayela, ibe bubungqina; xa kunjalo ke akayi kuyivusa.

14“Ukuba ababini babolekene ngemfuyo, yaza ke yenzakala okanye yafa engekho umniniyo, lo ubebolekiwe makayivuse.

15Kanti ke ukuba ebekho umniniyo, umbolekwa lowo akanakude ayihlawule. Phofu ke ukuba ibiqeshiwe kohlawulwa imali yengqesho yodwa.”

Imithetho yentlalo nonqulo

16“Xa umntu one intombi nto engekabonwa lisoka, makayilobole batshate.

17Ukanti ke xa uyise wayo engavumi ukuyendisela kuye, makakhuphe intlawulo elingana nekhazi lentombi.

18“Ke lona igqwirha malibulawe.

19“Umntu olala nesilwanyana makabulawe.

20“Umntu obingelela nakwisiphi na isithixo ngaphandle kukaNdikhoyo makagwetyelwe ukufa.

21“Ningaze nimphathe kakubi nimcinezele umntu obhacele kwelakowenu. Kaloku nani ngokwenu naningababhaceli kwelaseJiputa.

22Ningaze nimphathe kakubi umhlolokazi nenkedama.

23Ukuba niyenzile loo nto, mna Ndikhoyo ndiya kusiva isikhalo sabo,

24ndikhathazeke, nina ndiniyekele nife emfazweni, ukuze abafazi benu babe ngabahlolokazi, abantwana bona babe ziinkedama.

25“Xa uboleke omnye kubantu bam abahlelelekileyo imali, mayingabi ngathi ùngumbolekisi-mali; ngoko ke sukumbiza nzala.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

26Ukuba ke umntu úbambise ngengubo yakhe kuwe, ze uyibuyisele kwakuye lingekatshoni ilanga,

27kuba kaloku yena kuphela kwesambatho anaso sokumfudumeza. Kakade ke ùthi úya kulala ngani? Ukuba ke úthe wakhala kum, ndiya kumphendula, kuba kaloku mna ndinovelwano.

28“UThixo ungaze umnyelise; ngokunjalo ungayithuki nenkokheli yesizwe sakho.

29“Ungathandabuzi ukuthatha kwisivuno nakwiwayini yakho, wenze ngazo umnikelo kum. “Unyana wakho wamazibulo nikela ngaye kum.

30Namazibulo enkomo okanye igusha makabe ngumnikelo kum. Makahlale nonina iintsuku zibe sixhenxe qha, aze ngolwesibhozo anikelwe kum.

31“Ningabantu bam ncakasana; ke ngoko sanukuyitya inyama yemfuyo eqwengwe ngamarhamncwa asendle – ndaweni yaloo nto yinikeni izinja.”

Eyemfuduko 23

Ubulungisa

1“Ungaze uhlwayele iindaba zolwimi. Sukuncedisana netshijolo ngokulingqinela ngobuxoki.

2Sukuvuma ukona ngenxa yokukhukuliswa sisihlwele. Ungaze uyigqwethe inyaniso ngenxa yefuthe lesihlwele.

3Sukuba negobe ngakwihlwempu xa kuthethwa ityala lalo.

4“Xa ubhaqe inkomo okanye idonki yotshaba lwakho ilahleka, yithathe uyigoduse.

5Ukuba ubona umntu okuthiyileyo eqhuba idonki ebuthisayo isoyiswa ngumthwalo, sukumyekela; mncedise niyivuse.

6“Musa ukugqwetha umthetho xa kuthethwa ityala lehlwempu.

7Bucezele ubuqhopholo bokutyhola umntu ongenatyala, ungabi sisizekabani sokufa kwelungisa elimsulwa, kuba iqhopholo ndiyaligweba.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Sukuvuma ukunyotywa, kuba unyobo luyamfamekisa, luwawexule amalungisa.

9Ungamcinezeli umbhaceli. Kaloku uyazi ukuba kunjani na ukuba ngumbhaceli, kuba wawukhe wangumbhaceli kwelaseJiputa.”

Unyaka wesixhenxe nosuku lwesixhenxe

10“Amasimi akho walime uwavune iminyaka ibe mithandathu.

11Ke ngowesixhenxe wayeke alale. Into evelayo kuwo yoba yeyamahlwempu; eseleyo ke ibe yeyeenyamakazi. Yoba seso nakwisidiliya nesinquma sakho.

12“Sebenza iintsuku zibe ntandathu, kodwa ngolwesixhenxe ungawuphathi umsebenzi, ukuze izicaka nababhaceli ngokunjalo nemfuyo yakho ifumane ikhefu ihlaziyeke.

13“Wanyamekele amazwi endiwathethileyo kuwe. Ungazinquli izithixo, ungaze uzikhankanye nokuzikhankanya oku.”

Amatheko amathathu abalulekileyo
(Mfud 34:18-26; Hlaz 16:1-17)

14“Ndenzeleni itheko kathathu ngonyaka.

15Ngenyanga uAbhibhi enaphuma ngayo eJiputa, yenzani itheko lesonka sentlama engenagwelenjengoko ndaniyalelayo. Kwithuba leentsuku ezisixhenxe zeli theko ze nitye sona sodwa. “Sanukuza phambi kukaThixo ningaphathanga mnikelo.

16“Yenzani itheko lolibo ukuqala kwenu ukuvuna. “Yenzani itheko lesivuno xa niqokelela iziqhamo zomsebenzi wenu emasimini.

17Minyaka le ngexesha lala matheko mathathu amadoda makeze kundinqula mna Ndikhoyo iNkosi yenu.

18“Xa niphalaza igazi, nisenza idini, ze ninganikeli ngaxa-nye ngesonka sentlama enegwele. Ngala mathuba ke amanqatha edini elo makangabekwa mbeko.

© 1996 Bible Society of South Africa.

19“Minyaka le zisa ulibo lwesivuno sakho endlwini kaNdikhoyo uThixo wakho. “Uze ungaze ulipheke itakane lebhokhwe ngobisi lukanina.”

Izithembiso nemiyalelo

20“Uyabona ke, ndiya kukuthumela isithunywa sam, sikulondoloze endleleni yakho, sikuse kuloo ndawo ndikulungiselele yona.

21Uze usithobele, ungasivukeli, kuba simele mna; ibe ke asiyi kuba nalusini kulowo usivukelayo.

22Kambe ke ukuba uyayiphulaphula ngenyameko into ethethwa siso, wenze ngokomyalelo wam, iintshaba zakho ziya kuba zezam, ndibachase abakuchasayo.

23Isithunywa sam siya kukukhokela, sikuse kwilizwe lama-Amori, amaHiti, amaPerezi, amaKanana, amaHivi, namaJebhusi, ndize mna ndiwatshabalalise.

24Ungakhe ulinge uguqe unqule izithixo zawo; ungazingeni neendlela zawo zonqulo. Ndaweni yaloo nto uzuzikhiqe izithixo zawo; uyiqhekeze uyiqethule imifanekiso yazo yamatye.

25Ukuba ke uthe wanqula mna Ndikhoyo uThixo wakho, ndiya kukuthamsanqela ngokutya namanzi, ndikutshayele ukufa kungabikho phakathi kwenu.

26Kwelo lizwe lenu akukho mfazi uya kuphuma sisu, kungayi kubakho mfazi ungaphathiyo. Ewe, ndiya kunenza niphile nide nikhokhobe.

27“Ndiya kubenza barhwaqele bonke abantu abakuchasayo, ndizenze zidideke zonke izizwe olwa nazo. Ewe, ndiya kuba ngakuwe, utsho uziswantsulise zonke iintshaba zakho.

28Ndozithumela ngoonomeva iintshaba zakho, atsho asabe ungekafiki amaHivi, amaKanana, namaHiti.

29Andiyi kuwagxotha ngonyaka omnye, khon' ukuze kungabi senkangala kwelo lizwe, uthi wena ufika abe amarhamncwa selegunyile.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

30Ndaweni yaloo nto ndiya kuthi chu ukuwafifinga oku, ude wena wande ngokwaneleyo, ube nako ukulithatha elo lizwe ulimé.

31Imida yakho iya kusuka kuLwandle oluBomvu, iye kuthi xhaxe kulwandle iMeditera; isuke kumlambo iEfrati, iye kuthi gaa ngentlango. Ndiya kubanikezela kuwe abemi belo zwe, ubagxothe phambi kwakho.

32Uze ungenzi mnqophiso nabo, okanye nezithixo zabo.

33Uze ungabavumeli beme emhlabeni wakho, hleze bakulukuhle undivukele. Mhla wazinqula izithixo zabo, woba ungenile emgibeni."

Eyemfuduko 24

Ukuzinziswa komnqophiso

1Ke kaloku uNdikhoyo wathetha noMosis wathi: "Nyuka, wena noAron, uNadabhi noAbhihu, kunye namashumi asixhenxe amadoda amakhulu akwaSirayeli. Nothi ke nisemgama nikhahlele.

2Yoba nguwe Mosis wedwa ke oya kuza kufika kum; abanye ke abo basale; ke wona umndilili awuyi kunyuka nokunyuka entabeni."

3UMosis ke wawugqithisela ebantwini loo mlomo kaNdikhoyo, ngokunjalo nemiyalelo. Ke amaSirayeli atsho ngazwi-nye athi: "Konke akuthethileyo uNdikhoyo siya kukwenza."

4UMosis wayibhala yonke imiyalelo kaNdikhoyo. Kusasa ngengomso wakha iqonga lamadini emazantsi entaba, waza wamisa ishumi elinambini leentsika zamatye ngokwezindlu ezilishumi elinambini zikaSirayeli.

5Kamva ke wathuma abafana, baya kwenzela uNdikhoyo amadini atshiswayo, babingelela ngeenkomo, benza amadini obudlelwana.

6UMosis wathatha isiqingatha segazi elo, waligalela ezityeni, waza isiqingatha wasifefa eqongeni lamadini.

7Ngoku ke wathatha umqulu ekubhalwe kuwo imiqathango yomnqophiso kaNdikhoyo, wafundela amaSirayeli. Ke wona aphendula athi: "Siya kumthobela uNdikhoyo, sikwenze konke asiyalele kona."

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Ke kaloku uMosis wathatha elaa gazi lalisesityeni, wafefa ngalo abantu, esithi: “Eli gazi litywina umnqophiso awenze nani uNdikhoyo mhla waninika le miyalelo.”

9UMosis, uAron, uNadabhi, noAbhihu, kunye namashumi asixhenxe amadoda amakhulu, benyuka intaba,

10baza bambona uThixo kaSirayeli. Iinyawo zakhe zaziphezu komgangatho welitye elibuglasirha eliluhlaza okwesibhakabhaka.

11Kambe ke uThixo zange awase sandla la matshawe akwaSirayeli; bambona baza batya basela.

UMosis eSinayi

12 UNdikhoyo wabhekisa kuMosis, wathi: “Nyuka uze kum apha entabeni, uhlale; ndiza kukunika amacwecwe amatye endiyibhale kuwo imithetho nemiyalelo omawuyifundise amaSirayeli.”

13UMosis wanduluka ke nehlakani lakhe uYoshuwa; ke yena uMosis wenyuka intaba kaThixo.

14Wathi kumadoda amakhulu: “Lindani kule ndawo side sibuye. Nâba uAron noYuri; wonke umntu onomcimbi makawandlale phambi kwabo bawuphicothe.”

15Ngenene ke uMosis wenyuka intaba, laza lona ilifu layambathisa intaba leyo.

16-17Baza ke ubuqaqawuli bukaNdikhoyo bahlala phezu kwentaba iSinayi. KumaSirayeli kwakungathi ngumlilo ovuthayo apho phezu kwentaba. Ilifu elo layifukama intaba leyo iintsuku zantandathu, waza ngolwesixhenxe uNdikhoyo wabiza uMosis esefini apho.

18Ke kaloku uMosis wenyuka intaba, waya kungena apho efini. Wahlala apho iintsuku ezimashumi mane.

Eyemfuduko 25

Iminikelo yesibingelelo

(Mfud 35:4-9)

© 1996 Bible Society of South Africa.

1 UNdikhoyo wathetha noMosis, wathi:

2“Xelela amaSirayeli ukuba bonke abaziva beqhutywa yintliziyo mabakhuphe umnikelo, bawuzise kum.

3Lo mnikelo ke mawube kwezi ndidi: igolide, isiliva, ubhedu,

4nelaphu elizuba, nelimsobo, nelibomvu, nelaphu elicikizekileyo, neloboya bebhokhwe,

5nofele olubomvu lwenkunzi yegusha, nofele olusukiweyo, nomngampunzi,

6neoyile yesibane, nobulawu bokuqhola, ioyile yesiqhumiso,

7namatye ekarneli, namanye amatye okuhombisa isidanga sombingeleli omkhulu ngokunjalo nesikhuselo-sifuba sakhe.

8Mabandakhele indawo eyeyam ndodwa, ukuze nam ndihlale phakathi kwabo.

9Ke yona nempahla engaphakathi mayakhiwe ibe matwa nomzekelo endokubonisa wona.

Ityesi yomnqophiso
(Mfud 37:1-9)

10“Thatha umngampunzi, wenze ityesi ngawo. Mayibe ziisentimitha ezilikhulu elineshumi ubude bayo, ibe ngamashumi mathandathu nantandathu ububanzi, ngokunjalo nokuphakama.

11Yityabeke ngegolide ngaphandle nangaphakathi, futhi uyiphethe kwangegolide jikelele.

12Thatha igolide wenze amakhonkco abe mane, uwanxibelele emanqineni etyesi abe mabini cala-nye.

13Yenza imiqobo ngomngampunzi, uyityabeke ngegolide;

14yona ke yongena kuloo makhonkco, iphathwe ngazo ityesi.

15Mayingakhutshwa, koko mayihlale ngolo hlobo lonke ixesha.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Ngaphakathi ke faka amacwecwe abubungqina bomnqophiso endiza kukunika wona.

17“Kwakhona ke thatha igolide, wenze isivalo sibe ziisentimitha ezilikhulu elineshumi ubude, ububanzi zibe ngamashumi amathandathu anesithandathu.

18Thatha igolide ubumbe imifanekiso yezithunywa ezimaphiko ibe mibini; yenze ibe nto-nye nesivalo eso,

19-20imiswe ngapha nangapha phezu kwaso, ijongene; athi ke loo maphiko athe naa asigubungele isivalo eso.

21Faka loo macwecwe mabini abubungqina bomnqophiso, uvale.

22Kulapho ndiya kuhlangana nawe ke, apho phezu kwesivalo setyesi yomnqophiso, phakathi kwemifanekiso yezithunywa ezimaphiko, ndikunike yonke imiyalelo yamaSirayeli.”

Itafile
(Mfud 37:10-16)

23“Thatha umngampunzi, wenze itafile ngawo. Mayibe ngamashumi asibhozo anesibhozo eesentimitha ubude; ibe ngamashumi mane anane ububanzi, kanti ke ukuphakama ibe ngamashumi amathandathu anesithandathu.

24Yityabeke ngegolide, futhi uyiphethe kwangayo jikelele.

25Mayijikelezwe lungqameko olububanzi bungangesandla, oluphethwe ngegolide jikelele.

26Yenza amakhonkco egolide abe mane, abe sezikoneni phezu kwemilenze.

27Amakhonkco okubamba imiqobo yokuthwala itafile makasondele kungqameko.

28Yenza imiqobo leyo ngomngampunzi, uyityabeke ngegolide.

29Yenza iipleyiti, iikomityi, iindebe, nezitya zokusetyenziswa xa kusenziwa idini lewayini. Kambe ke zonke ezi zinto mazenziwe ngegolide.

30Kule tafile makusoloko kukho isonka esinikelwa kuThixo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Isibane
(Mfud 37:17-24)

31“Thatha igolide engangxengwanga, wenze isibane ngayo. Amazantsi kunye
nesiqu sesibane masibunjwe ngegolide. Izihombiso ezifana neentyatyambo,
nemidumba, namagqabi eentyatyambo, mazibe nto-nye nesibane.

32Kwalapho kuso isiqu sesibane nxibelela amasebe aso abe mathandathu, oko
kukuthi abe mathathu ngapha nangapha.

33La masebe mathandathu makahonjiswe ngomhombiso ofana
neentyatyambo zealmondi, ibe nemidumba namagqabi eentyatyambo.

34Sona isiqu saso naso masihonjiswe ngomhombiso ofana neentyatyambo
zealmondi enemidumbu namagqabi eentyatyambo.

35Onke amasebe ngambini makasekelwe ngumdumba.

36Imidumba namasebe makabe nto-nye nesiqu sesibane esenziwe ngegolide
engangxengwanga.

37Kwesi siqu sesibane ke kofakwa izibane ezisixhenxe ngohlobo lokuba
ziphose ilitha ngaphambili.

38Umcephe wokucima isibane nezithetyana zaso mazenziwe ngegolide.

39Iyonke igolide yokwenza esi sibane nobuxhaka-xhaka baso mayibe
ngamashumi amathathu nantlanu eekhilogram ubunzima.

40Xa iyonke le nto uzuyenze ngokomzekelo endakubonisa wona entabeni. ”

Eyemfuduko 26

Isibingelelo
(Mfud 36:8-38)

1“Thatha imiqulu yelaphu elisontwe ngobona buchule ibe lishumi, wenze
ngayo umkhusane wesibingelelo. La malaphu makabe yile mibala: ozuba,
omsobo, nobomvu. Makahonjiswe ngemifanekiso yezithunywa ezimaphiko
yenziwe ngobugcisa nobunono.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

2Yonke imikhusane mayilingane, ibe ziimitha ezilishumi elinambini ubude, zibe mbini ububanzi.

3La malaphu wadibanise abe mahlanu ngamahlanu.

4Thatha ilaphu elizuba, wenze amarhintyelo phaya emphethweni ngapha nangapha.

5Loo marhintyelo ke makabe ngamashumi amahlanu kweli cala; kanti ke nakweliya icala makabe kwangako, alungelelane.

6Kwangokunjalo ke thatha igolide, wenze amahaki angamashumi amahlanu, khon' ukuze la macala mabini adityaniswe, intente yesibingelelo ibe yinto enye.

7“Isibingelelo eso ke masambathiswe ngentente eyenziwe ngoboya bebhokhwe. Yona ke mayibe yimiqulu elishumi elinanye.

8Nayo ke mayilingane ibe ziimitha ezilishumi elinantathu, zibe mbini ke ububanzi.

9Dibanisa imiqulu ibe mihlanu kwelinye icala, uze uphinde uyidibanise nale mithandathu iseleyo; kambe ke lo wesithandathu wona uze uwuphinde ngaphambili.

10Yenza amarhintyelo angamashumi amahlanu emphethweni weli cala, kanti ke abe kwangako emphethweni weliya icala.

11Thatha ubhedu, wenze amahaki angamashumi amahlanu, ukuze la macala mabini adityaniswe abe yinto enye.

12Ke sona esi siqingatha siseleyo masijinge ngasemva phaya.

13La mashumi mahlanu eesentimitha alabalabayo kobu bude makagqume intente macala.

14“Kwakhona yaleke ngofele lwenkunzi yegusha olubomvu nangesikhumba esisukiweyo ngaphandle.

15“Yenza izakhelo zokuxhasa intente leyo ngezibonda zomngampunzi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

16Isakhelo ngasinye masibe ziimitha ezine ubude neesentimitha ezingamashumi amathandathu anesithandathu ububanzi.

17Uze uzenze ziphume ngapha nangapha, khon' ukuze zibe nokuhlanganiswa. Ewe, zonke izakhelo mazenziwe ngolu hlobo.

18Yenza izakhelo zangezantsi zibe ngamashumi amabini.

19Isakhelo ngasinye masibanjwe ziziseko ezibini zesiliva, zibe ngamashumi amane zizonke.

20Mayibe zizakhelo ezingamashumi amabini ngasentla,

21zixhaswe ngamashumi amane eziseko zesiliva, zibe zibini esakhelweni esinye.

22Ngasentshona izakhelo mazibe zithandathu,

23zibe zibini ezikoneni.

24Ezi zakhelo zeekona maziqhagamshelwe emazantsi, ziye kuqhina phezulu. Kunjalo ke okwezi zakhelo zibini zeekona.

25Ngoko ke zoba sibhozo zixhaswe lishumi elinesithandathu leziseko zesiliva, zingambini kwenye.

26“Yenza imiqadi ngomngampunzi; mayibe mihlanu ngapha nangapha,

27ngokunjalo nakwicala lasentshona ngasemva.

28Lo mqadi uphakathi mawube sesizikithini sesakhelo, unqamleze usuke ngapha uye kuthi ngqu ngaphaya.

29Izakhelo zityabeke ngegolide, uzenzele amakhonkco ngegolide apho iya kungena khona imiqadi; kambe ke nayo uya kuyityabeka ngegolide.

30Esi sibingelelo senze ngokomzekelo endakubonisa wona entabeni.

31“Thatha imiqulu yelaphu elisontwe kakuhle, wenze umkhusane. Malibe yile mibala: ozuba, omsobo, nobomvu. Lo mkhusane mawuhonjiswe ngemifanekiso yezithunywa ezimaphiko, yenziwe ngobugcisa nobunono.

© 1996 Bible Society of South Africa.

32Lo mkhusane ke mawuxhonywe kwiintsika zomngampunzi ezityatyekwe ngegolide ezinamahaki, zixhaswe ngeziseko ezine zesiliva.

33Lo mkhusane wuxhome kulaa mahaki aphezulu, uze emva kwawo ubeke laa tyesi inobungqina bomnqophiso. Umkhusane lo ke uya kwahlula igumbi elingcwele kwingcwele kangcwele.

34Ityesi yomnqophiso yivale ngesivalo sayo.

35Apha nganeno komkhusane beka itafile kwicala elingasentla, ize isibane sona sibe ngasezantsi.

36“Esangweni xhoma umkhusane welaphu elisontwe kakuhle elizuba, elimsobo, nelibomvu. Maliqhoqhonywe lihonjiswe ngobugcisa nobunono.

37Lenzele iintsika ezintlanu ngomngampunzi. Mazityatyekwe ngegolide, zifakwe amahaki egolide. Ke zona mazisekelwe ngeziseko zobhedu ezihlanu.”

Eyemfuduko 27

Iqonga lamadini
(Mfud 38:1-7)

1“Ke lona iqonga lamadini uze ulenze ngomngampunzi lilingane macala, libe ziimitha ezimbini neesentimitha ezimashumi mabini ubude ngokunjalo nobubanzi, ukuphakama kube yimitha enye neesentimitha ezimashumi mathathu.

2Izibonda zeekona zalo zone mazilabalabe phezulu phaya, zenze iimpondo, futhi ke zityatyekwe ngobhedu.

3Lenzele iimbiza zokukhongozela olo thuthu lunamafutha, wenze neefotsholo, izitya, iifolokhwe, neepleyiti zomlilo. Zonke ke ezi zixhobo mazenziwe ngobhedu.

4Thatha ubhedu, wenze isisefu, uze usenzele amakhonkco ezikoneni zone.

5Esi sisefu sifake phantsi kongqameko olujikeleze iqonga, ngohlobo lokuba sithathe isiqingatha sokuphakama kwalo.

6Yenza imiqobo yokubamba ngomngampunzi, uyityabeke ngobhedu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Yifake macala kuloo makhonkco, ibe ziindawo zokuphatha.

8Lenze libe ngumhaba-haba nje wamaplanga, ngokwalaa ndlela ndandikubonise ngayo entabeni.”

Inkundla yesibingelelo
(Mfud 38:9-20)

9“Esi sibingelelo ke senzele inkundla ngomkhusane owenziwe ngelaphu elisontwe ngobuchule. Ngezantsi malibe ziimitha ezingamashumi amane anesine ubude.

10Umkhusane lo mawume ngeentsika zobhedu ezimashumi mabini, ezixhaswe ziziseko zobhedu ezimashumi mabini, zibe namahaki nemiqadi eyenziwe ngesiliva.

11Uya kwenza kwangolu hlobo ke nakwicala langasentla.

12Kwicala lasentshona umkhusane mawube lilaphu eliziimitha ezimashumi mabini nambini ubude, ube neentsika ezilishumi ezixhaswe ziziseko ezikwalishumi.

13Ngasempuma kwicala lesango umkhusane mawube kwaziimitha ezimashumi mabini nambini ububanzi.

14-15Ngapha nangapha esangweni ilaphu malibe ziimitha ezintandathu neesentimitha ezimashumi mathandathu, ime ngeentsika ezintathu ezixhaswe ziziseko ezithathu.

16Inkqu yesango ke yona yovalwa ngelaphu eliziimitha ezilithoba ubude, elisontwe ngobuchule. Malibe yile mibala: ozuba, omsobo, nobomvu; liqhoqhonywe ngobugcisa nobunono. Loxhaswa ziintsika ezine ezimi ngeziseko ezine.

17Xa zizonke iintsika zenkundla le zodityaniswa ngemiqadi yesiliva, aze namahaki enziwe ngesiliva; ke zona iziseko zibe zezobhedu.

18Ubude bale nkundla mabube ziimitha ezingamashumi amane anesine, ububanzi zibe ngamashumi amabini anambini, ukuphakama ke kona ibe

© 1996 Bible Society of South Africa.

ziimitha ezimbini neesentimitha ezimashumi mabini. Umkhusane mawenziwe ngelaphu elisontwe ngobuchule, ke zona iziseko zenziwe ngobhedu.

19Xa zizonke izixhobo zesibingelelo ngokunjalo nezenkundla, nditsho nesikhonkwane sembala, mazenziwe ngobhedu."

Ukunyamekela isibane
(Nqulo 24:1-4)

20"Yitsho amaSirayeli eze neyona icwengileyo ioyile yomnquma, khon' ukuze isibane sihlale sivutha njalo-njalo.

21Kweli cala linganeno phambi komkhusane wetyesi yomnqophiso, uAron noonyana bakhe mabasoloko bejonge ukuba izibane ziyavutha phambi koNdikhoyo, ukususela ngorhatya kude kube kusasa. Lo mmiselo ke mawuhlale uthotyelwe nanini na ngamaSirayeli nezizukulwana zawo."

Eyemfuduko 28

Isivatho sombingeleli
(Mfud 39:1-7)

1"Ke wena biza umkhuluwa wakho uAron noonyana bakhe: uNadabhi, uAbhihu, uElazare, noItamare. Bakhuphe kumaSirayeli, ubamisele babe ngababingeleli bam.

2Umntakwenu uAron menzele izivatho zobubingeleli eziya kumtsho abe nesidima nomfaneleko.

3Yalela abantu abanesiphiwo sobugcisa nobuchule, utsho benzele uAron izinxibo, khon' ukuze amiselwe umsebenzi wobubingeleli.

4Mabenze isikhuselo-sifuba, isidanga, umnweba, ihempe ehonjisiweyo, iqhiya, kunye nomxwayo. Ezo mpahla ke mabazenzele uAron nooyana bakhe, ukuze bangene kulo msebenzi uwodwa wobubingeleli.

5Kulo msebenzi ke mabasebenzise igolide, nelaphu elizuba, elimsobo, nelibomvu; ibe ngamalaphu asontwe ngobuchule.

6"Isidanga mabasenze ngolu hlobo: umbala ozuba, omsobo, nobomvu, basebenzise igolide nelaphu eliqhoqhonywe lahonjiswa ngobugcisa.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Masibe nemixwayo eqabela emagxeni, idibanise amacala aso omabini.

8Masibe nebhanti eyenziwe kwangelo laphu layo, sibe yinto enye nje, ithungwe ngobugcisa nobuchule obukhulu.

9Thatha amatye ekarneli abe mabini, ukrole kuwo amagama oonyana bakaSirayeli,

10ngokokuzana kwabo, abe ngamathandathu ngamathandathu.

11-12La magama oonyana bakaSirayeli ke makabhalwe ligcisa lomkroli. La macwecwe anala magama makaqhotyoshelwe ngesipeliti segolide kule mixwayo isemagxeni esidanga, ukuze ahlale esisikhumbuzo ngoonyana bakaSirayeli. Ngale ndlela ke uAro uya kuhlala ewathwele emagxeni la magama, ukuze abe sisikhumbuzo kuNdikhoyo.

13Thatha igolide, wenze izipeliti zokubamba la matye zibe zibini.

14Mazibe namatsheyini amabini aphothwe ngemingqa yegolide.”

Isikhuselo-sifuba
(Mfud 39:8-21)

15“Yenza isikhuselo-sifuba esiya kunceda umbingeleli omkhulu xa efuna ukuqonda intando kaThixo. Masenziwe kwangezaa zinto senziwe ngazo isidanga, nangobugcisa obukwanjalo.

16Masibe ngumphindo olinganayo, ubude bube ziisentimitha ezingamashumi amabini nambini, nobubanzi bube kangako.

17Masihonjiswe ngemiqolo emine yamatye exabiso. Kuludwe lokuqala ibe yirubhi, itopazi, negarneti;

18kolwesibini ibe yiemeraldi, isafire, nedayimani;

19kumqolo wesithathu ibe yitekoyisi, iagati, neamatiste;

20kowesine ibe yibherile, ikarneli, nejaspa. Onke ke makabanjwe ngesipeliti segolide.

21Kuya kubakho amatye alishumi elinambini. Kwilitye ngalinye ke kokrolwa igama lomnye woonyana bakaYakobi abamele izindlu zakwaSirayeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22Isikhuselo-sifuba masibe namatsheyini amabini aphothwe ngemingqa yegolide.

23Kwiikona zaso zangasentla nxibelela amakhonkco amabini egolide,

24uze ke uqhinele la matsheyini mabini kuwo.

25Kambe ke la macala mabini amatsheyini aseleyo orhintyela kwezaa zipeliti zibini, ukuze ngolo hlobo abhijele ngaphambili aye kuqhagamshela kwimixwayo yesidanga.

26Kwakhona ke yenza amakhonkco amabini ngegolide, uwanxibelele phaya kwezaa kona zaso zingezantsi ngaphakathi phezu kwesidanga.

27Ngokukwanjalo yenza amanye amakhonkco abe mabini ngegolide, uwanxibelele kumazantsi emixwayo yesidanga ngaphambili, kude kufuphi kodwa ngaphezu kwalaa bhanti ithungwe ngobugcisa nobuchule.

28Amakhonkco esikhuselo-sifuba wadibanise namakhonkco esidanga ngomtya ozuba, ukuze isikhuselo-sifuba sihlale phezu kwesidanga singabhakuzeli.

29“Ngoko ke xa uAron engena egumbini elingcwele makanxibe esi sikhuselo-sifuba sinamagama ezindlu zikaSirayeli, ukuze mna Ndikhoyo ndingaze ndibalibale abantu bam.

30Kwalapho kwisidanga faka iiurim neethumim, ukuze uAron ahambe nazo xa esiza kum. Ewe, ngala maxesha makanxibe isikhuselo-sifuba, ukuze asoloko enako ukuyiqonda intando yam mayela namaSirayeli.”

Ezinye izivatho
(Mfud 39:22-31)

31“Ke wona umnweba ophezu kwesidanga mawulukwe ube lilaphu elizuba.

32Mawugqojozwe indawo yokungena intloko, ize iqukunjelwe iqine, ukuze ingakrazuki.

33-34Kumazantsi awo uze wenze imifanekiso yeerharnati ibe zuba, emsobo, nebomvu. Ezi zihombiso ke mazibolekisane neentsinjana ezenziwe ngegolide.

© 1996 Bible Society of South Africa.

35Lo mnweba ke uAron uya kuwufaka xa ekumsebenzi wakhe wobubingeleli. Iintsimbi ezo ke ziya kukhenkceza xa angenayo egumbini elingcwele, ngokunjalo naxa aphumayo. Ngokwenjenjalo uya kusinda ekufeni.

36“Thatha igolide ecocekileyo, wenze icwecwe elihle. Uze ukrole amagama kulo athi: ‘ OkaNdikhoyo pheleleyo.’

37Liqhagamshele ngomsonto ozuba eqhiyeni yakhe ebunzi.

38Eli cwecwe ke liya kuthi nca ebunzi kuAron, khon' ukuze mna Ndikhoyo ndiwamkele amadini amaSirayeli, nangona angade abe nempazamo xa anikelayo. Ewe, eli cwecwe malibe sebunzi kuye lonke ixesha. Ngokwenjenjalo abantu bam amaSirayeli baya kuhlala bamkelekile kum.

39“UAron uze umthungele ihempe ngelaphu elisontwe ngobugcisa. Uze umenzele iqhiya kwangelo laphu, ngokunjalo nomxwayo ohonjiswe waqhoqhonywa ngobona bugcisa.

40“Oonyana baka-Aron benzele iminweba nemixwayo neminqwazi, ukuze babe nesidima nomfaneleko.

41Ezi zivatho ke zinxibe uAron ngokunjalo noonyana bakhe. Wakukhov' ukwenjenjalo ke bathambise ubamisele ukuze bangene emsebenzini wobubingeleli.

42Kwakhona thatha ilaphu, ubenzele iibhulukhwe zangaphantsi ezisuka esinqeni zime emathangeni, ukuze bangahambi ze.

43UAron ndawonye noonyana bakhe mabasoloko bezinxibile xa bengena esibingelelweni, noba bakwezamadini okwababingeleli, hleze bafe ngenxa yokuba behamba ze. Lo ke ngummiselo ongasoze washukunyiswa kuAron ndawonye nezizukulwana zakhe.”

Eyemfuduko 29

Iinkcukacha ngokumiselwa kuka-Aron noonyana bakhe
(Nqulo 8:1-36)

© 1996 Bible Society of South Africa.

1“Nantsi ke imigqalisela omawuhambe ngayo xa umisela uAron noonyana
bakhe kumsebenzi wabo wobubingeleli. Thatha inkunzana yenkomo kunye
neenkunzi ezimbini zeegusha, zonke ke zibe zezingenasiphako.

2Thatha umgubo wengqolowa wodidi oluphambili, wenze isonka sentlama
engenagwele, namaqebengwana anamafutha, nemiqathane yentlama
engenagwele ethanjiswe ngamafutha.

3Ezo zonka zifake ebhaskitini, wenze ngazo umnikelo xa ubingelela ngezaa
nkunzi, eyenkomo nezeegusha ezimbini.

4“UAron noonyana bakhe mabeze esangweni lesibingelelo, ubahlambe
ngamanzi.

5UAron ke makanxibe ezobubingeleli: ihempe, isidanga, umnweba,
isikhuselo-sifuba, nebhanti;

6umthwalise iqhiya, ulebele ngelaa cwecwe libhalwe ukuthi: ‘ OkaNdikhoyo
pheleleyo.’

7Wakukhov' ukwenjenjalo ke, mthi jize ngamafutha entloko, umthambise.

8“Thatha oonyana bakhe, ubafake iminweba;

9bafake imixwayo, bathwale iminqwazi yabo. Le ke yindlela oya kummisela
ngayo uAron noonyana bakhe; ububingeleli iya kuba ngummiselo wabo
nanini nanini.

10“Uze uthathe inkunzi yenkomo, uze nayo ngasesangweni lesibingelelo.
UAron noonyana bakhe mababeke izandla zabo phezu kwentloko yayo.

11Yixhelele phambi koNdikhoyo apho ngasesangweni lesibingelelo.

12Yithi nkxu igazi ngomnwe, uqabe iimpondo zeqonga lamadini ngalo.
Inxalenye yegazi ke yigalele emazantsi eqonga elo.

13Ngoku thatha umhlehlo, nenxalenye yesibindi, izintso zombini, ndawonye
namanqatha azo, uzitshise phezu kweqonga lamadini.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Ke yona inyama yenkunzi leyo, ufele, ndawonye nezibilini, uya kuzitshisela
ngaphandle komzi. Eli ke lidini lokususa izono.

15“Kwakhona thatha enye yeenkunzi zegusha, aze uAron noonyana bakhe
babeke izandla zabo phezu kwentloko yayo.

16Yixhele, uze uthathe igazi layo uliphose macal' omane kwiqonga lamadini.

17-18Inyama leyo yihlahle, ke zona izibilini uzihlambe ndawonye namanqina.
Ezi ndawo ndizibalileyo ke, nenyama xa iyonke, ngokunjalo nentloko,
zidibanise uzitshisele phezu kweqonga lamadini. Eli ke lidini elitshiswayo.
Litsho ngevumba elimyoli kuNdikhoyo.

19“Kananjalo thatha enye inkunzi yegusha leyaa, utsho uAron noonyana
bakhe babeke izandla zabo phezu kwentloko yayo.

20Yixhele, uthathe kwigazi layo, uqabe isithinzi sendlebe yasekunene kuAron
nakoonyana bakhe. Kwakhona qaba oobhontsi babo basekunene ezandleni,
ngokunjalo noobhontsi basekunene beenyawo zabo. Igazi eliseleyo ke
lisarhaze macal' onke apho kwiqonga lamadini.

21Thatha kwigazi elilapho phezu kweqonga lamadini, ndawonye neoyile
yokuthambisa, ufefe uAron noonyana bakhe ndawonye neempahla zabo. Xa
bebonke ke, ngokunjalo neempahla zabo, baya kumiselwa banikezelwe
emsebenzini wam.

22“Thatha amanqatha enkunzi yegusha leyo ke, iketelele lomsila, umhlehlo,
inxalenye yesibindi, izintso zombini, ndawonye namanqatha azo, nomlenze
wasekunene.

23Phaya ebhaskitini caphula kwiintlobo zonke: isonka, iqebengwana,
nomqathane.

24Zibeke ezandleni zika-Aron noonyana bakhe, baziwangawangise,
bandenzele ngazo umnikelo owodwa.

25Kamva ke uya kuzithatha kubo, uzitshise ndawonye nedini elitshiswayo. Elo
ke lidini elivumba liyolileyo kuNdikhoyo – kaloku lidini elitshiswayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

26“Ke kaloku uya kuthatha incum yale nkunzi yegusha, uyiwangawangise,
uyenze umnikelo kum. Kambe ke esi iya kuba sisabelo sakho.

27“Xa kumiselwa umbingeleli incum nomlenze waloo nkunzi yegusha
isetyenzisiweyo zingumnikelo kum, omawubekelwe bucala, ube sisabelo
sababingeleli.

28Lo ke ngummiselo wam ongasoze uthini. Nanini na abantu bam besenza
idini lobudlelwane, incum nomlenze sisabelo sababingeleli; ngoko sisipho
esinikelwa kuNdikhoyo.

29“Xa engasekho uAron, izivatho zakhe zobubingeleli ziya kunikwa oonyana
bakhe, banxitywe zona mhla bethanjiswa bemiselwa.

30Lo nyana ka-Aron ungena esikhundleni sakhe asebenze esibingelelweni
endaweni engcwele, wonxitywa ezi zivatho iintsuku zibe sixhenxe.

31“Inyama leyo yenkunzi yegusha amiselwa ngayo uAron noonyana bakhe
wòyiphekela endaweni enyulu.

32Baya kuyithatha ke bayitye kunye nesaa sonka besisele ebhaskitini,
bayityele apho esangweni lesibingelelo.

33Ke zona eziya ndawo ziseleyo xa bekusenziwa idini lokungxengxeza
ekumiselweni kwabo, baya kuzitya. Kambe ke ngababingeleli bodwa
abanelungelo lokukutya oku kutya, kuba kunyulu.

34Inyama okanye isonka esiseleyo kwada kwakusasa, mazitshiswe,
zingàtyiwa; kaloku zinyulu.

35“Uyabona ke lo msitho wokumisela uAron noonyana bakhe mawube
ziintsuku ezisixhenxe njengoko ndakuyalelayo.

36Mini nganye ke uya kwenza idini lokungxengxezela izono ngenkunzi
yenkomo ibe nye. Ngokwenjenjalo uya kuhlambulula iqonga lamadini, uze ke
ngokunjalo ulithambise ngeoyile libe nyulu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

37Uya kwenjenjalo ke iintsuku zibe sixhenxe. Xa kunjalo ke iqonga lamadini liya kuba nyulu ngokugqibeleleyo, aze athi nabani na okanye nantoni na elichukumisayo ibe nyulu nayo. ”

Iminikelo yemihla ngemihla
(Ntlango 28:1-8)

38“Ukusukela ngoku, yonke imihla yenza idini ngamaxhwane amabini phaya kwiqonga lamadini.

39Thatha elinye kusasa, lize eli liseleyo libe lelasemalanga.

40Kweli lakusasa nikela nomgubo wengqolowa wodidi oluphambili, ube yikhilogram enye ubunzima, uwudibanise nelitha enye yamafutha omnquma acwengileyo. Yenza idini ngelitha yewayini.

41Nakweli lasemalanga idini sebenzisa umgubo, amafutha, kunye newayini, kwangalaa ndlela wenze ngayo kusasa. Eli ke lidini elitshiswayo – litsho ngevumba eliyolileyo kuNdikhoyo.

42Ukusukela ngoku eli dini litshiswayo mandilenzelwe phaya esangweni lesibingelelo. Kaloku apho kulapho ndiya kuhlangana khona nabantu bam, ndithethe nawe khona.

43Ewe, ndiya kuhlangana khona namaSirayeli; baye ubuqaqawuli bam buya kuyitsho loo ndawo ibe yekhethekileyo.

44Ndiya kusenza nyulu isibingelelo ndawonye neqonga lamadini. Ke yena uAron noonyana bakhe ndiya kubachonga ukuze babe ngababingeleli bam.

45Ndiya kuhlala phakathi kwamaSirayeli, ndibe nguThixo wawo.

46Kananjalo ke aya kundiqonda ukuba ndinguNdikhoyo uThixo wawo owawakhulula eJiputa, ukuze ndihlale phakathi kwawo. Ngenene ndinguNdikhoyo uThixo wawo.”

Eyemfuduko 30

Iqonga lesiqhumiso
(Mfud 37:25-28)

1“Thatha umngampunzi, wenze iqonga lesiqhumiso.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Amacala alo makalingane, abe ziisentimitha ezingamashumi amane nantlanu ubude, ngokunjalo nobubanzi; umphakamo ke wona zibe ngamashumi asithoba. Izibonda zeekona mazilabalabe zenze iimpondo.

3Eli qonga ke lityabeke lonke ngegolide: umphezulu, amacala, neempondo; futhi ke uliphethe ngegolide jikelele.

4Lenzele amakhonkco amabini ngegolide, uwanxibelele apha phantsi komphetho macala, khon' ukuze apho kuwo kungene imiqobo yokuliphatha.

5Nayo le miqobo yenze ngomngampunzi, uyityabeke ngegolide.

6Eli qonga malibe nganeno komkhusane ophambi kwetyesi enobungqina bomnqophiso evalwe ngesivalo sokungxengxezela, apho ndiya kuhlangana nawe khona.

7Miso le xa uAron eze kulungisa izibane, uya kufaka isiqhumiso esivumba limnandi kweli qonga.

8Nasemalanga ke, xa eze kulumeka izibane, makenze kwangolo hlobo. Lo mnikelo ke wesiqhumiso mawungatyeshelwa kude kube zizizukulwana ngezizukulwana.

9Kweli qonga ke ungaze uqhumise ngasiqhumiso simbi, okanye idini elitshiswayo, kungenjalo idini lokutya; phezu kwalo ungenzi mnikelo uthululwayo.

10Kanye ngonyaka uAron makalihlambulule eli qonga ngokwenza idini lokucamagusha. Uya kuthatha igazi lelo dini lesono, aqabe iimpondo zalo. Lo mmiselo ke mawenziwe minyaka le, ungaze uyekwe. Ngokwenjenjalo ke eli qonga liya kuba nyulu ngokugqibeleleyo kuNdikhoyo.”

Umrhumo wesibingelelo

11 UNdikhoyo ke wathi kuMosis:

12“Ngexesha lobalo lwamaSirayeli umntu ngamnye aze akhuphe umrhumo wokucamagushela ubomi bakhe, khon' ukuze kungabikho shwangusha elubalweni apho.

© 1996 Bible Society of South Africa.

13Wonke umntu obalwayo makakhuphe iqhekeza lesiliva liqulunqwe ngokomlinganiselo ovunyiweyo. Ewe wonke ubani makahlawule le mali, ibe ngumnikelo wakhe kum.

14Lilonke ke, mntu wonke ubalwayo ukuqalela kominyaka ingamashumi amabini ukunyuka, makawukhuphe loo mrhumo.

15Uyabona ke, kuloo mrhumo wobomi babo akukho sityebi nahlwempu, koko bonke baya kukhupha ngokulinganayo umlinganiselo lowo umisiweyo.

16Le mali ke yiqokelele kuwo onke amaSirayeli, ize isetyenziswe ekuxhaseni isibingelelo. Lo mrhumo ke sisicamgushelo sobomi babo, khon' ukuze ndihlale ndibakhumbula ndibakhusele.”

Isitya sobhedu

17 UNdikhoyo wathetha noMosis wathi:

18“Yenza isitya sokuhlambela ngobhedu, usihlalise phezu kwesiseko sobhedu. Masime phakathi kwegumbi elingcwele neqonga lamadini, usigalele amanzi.

19UAron noonyana bakhe baya kuhlamba izandla neenyawo kuloo manzi

20xa bangenayo egumbini elingcwele okanye besiya kwenza idini elitshiswayo kwiqonga lamadini, ukuze bangafi.

21Ewe, mabahlambe izandla neenyawo ukuze bangafi. Lo ke ngummiselo amabawuthobele bona nezizukulwana zabo.”

Amafutha okuthambisa

22 UNdikhoyo wayalela uMosis wathi:

23“Thatha obona bulawu bodidi: iikhilogram ezintandathu zemore engamanzi, iikhilogram ezintathu zesinamon evumba limnandi, iikhilogram ezintathu zezele elivumba limnandi, neekhilogram ezintandathu

24zekasiya; zonke mazilinganiswe ngokomlinganiselo ovunyiweyo. Xa zizonke ke zidibanise neelitha ezine zamafutha omnquma,

25wenze isiqholo esingamafutha anyulu avumba limnandi, axutywe lichule.

© 1996 Bible Society of South Africa.

26Ngawo ke thambisa intente yesibingelelo, ityesi enobungqina bomnqophiso,

27itafile namasolotya ayo, isibane nobuxhaka-xhaka baso, iqonga lesiqhumiso,

28iqonga lamadini nokwalo, kunye nesitya sokuhlambela nesiseko saso.

29Wakuba uzihlambulule ngolu hlobo ke ezi zinto ziya kuba nyulu ngokupheleleyo, ngokunjalo ke nantoni na ezichukumisayo iya kuba nyulu.

30Thambisa uAron noonyana bakhe, ubamisele babe ngababingeleli bam.

31Waxelele amaSirayeli ukuba la mafutha ngawam kuphela kude kube zizizukulwana ngezizukulwana.

32Umntu nje ongomnye angàze athanjiswe ngawo. Kwaye futhi ungàze uthathe le migqalisela axutywe ngayo wenze amafutha nje. Kaloku anyulu; ngoko ke wahloniphe.

33Nabani na owenza amafutha afana nawo, okanye osebenzisa la mafutha mntwini wumbi ungengombingeleli, uya kusikwa phakathi kwabantu bam."

Isiqhumiso

34 UNdikhoyo wayalela uMosis wathi: "Thatha umlinganiselo ofanayo wezi ntlobo zobulawu: isitakate, ionirha, igalbhano, nentlaka yokuqhumisa yoqobo.

35Yenza ngazo umxube wesiqhumiso esivumba liyolileyo. Sithi saa ityiwa, sihlambuluke sibe nyulu.

36Thatha inxalenye yaso, uyicole ibe ngumgubo, ungene nayo esibingelelweni, uyibeke phambi kwetyesi yomnqophiso apho ndiya kuhlangana khona nawe. Esi siqhumiso masihlonipheke; sinyulu.

37Ningaze nithathe imigqaliselo yalo mxube waso nizenzele esenu. Siphatheni ngentlonipho, sibe sesam ndedwa.

38Nabani na ozenzele isiqhumiso esifana naso, okanye osebenzisa esi njengesiqholo, uya kusikwa phakathi kwabantu bam."

Eyemfuduko 31

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Amagcisa okwakha isibingelelo
(Mfud 35:30 – 36:1)

1 UNdikhoyo waxelela uMosis wathi:

2“Uyabona ke, uBhezaleli unyana kaUri umzukulwana kaYuri wendlu kaJuda, ndimnyule.

3Ndimzalise ngoMoya wam, ndamthi jize ngokuqonda, ubuchule, nabo bonke ubugcisa;

4ukucwangcisa nokuyila esebenza ngegolide, isiliva, nobhedu;

5ukukrola nokuqingqa amatye, nokuchwela, nawo wonke umsebenzi wobugcisa.

6Kanti ke noHoliyabhi, unyana ka-Ahisamaki wendlu kaDan, ndimtyumbile ukuba ancedisane noBhezaleli. Naye ke ngokunjalo bonke ubuchule nobugcisa ndimphile, khon' ukuze babe nako ukuyenza yonke into endiyalela ukuba yenziwe:

7 isibingelelo, ityesi yomnqophiso nesivalo sayo, nezixhobo nako konke okuhamba nesibingelelo;

8itafile namasolotya ayo, isibane esenziwe ngegolide yoqobo nokwaso, iqonga lesiqhumiso,

9iqonga lamadini atshiswayo nezixhobo zalo, isitya sokuhlambela nesiseko saso;

10ezo zivatho zingayiwayo zobubingeleli zika-Aron noonyana bakhe, abaya kuzisebenzisa xa befezekisa umsebenzi endibanike wona;

11amafutha okuthambisa, neso siqhumiso sivumba limnandi segumbi elingcwele. Zonke ke ezi zinto mabazenze matwa nendlela endikuyalele ngayo.”

UMhla wokuPhumla

12 UNdikhoyo wathi uMosis

© 1996 Bible Society of South Africa.

13makayalele amaSirayeli athi: “Wuhloneleni uMhla wokuPhumla, uyimini yam; ewe, ungumqondiso phakathi kwam nani kwizizukulwana ngezizukulwana, uxela ukuba mna Ndikhoyo ndanenza naba ngabam ncakasana.

14Ngoko ke wuhloneleni uMhla wokuPhumla, kuba kuni ungumhla owodwa. Umntu ongawuhloneliyo, koko osebenzayo ngawo, makabulawe.

15Kaloku zikho iintsuku ezintandathu ukuba nenze wonke umsebenzi wenu, kodwa ke wona umhla wesixhenxe ngumhla onendili wokuphumla olibango lam. Nabani na ke owenza umsebenzi wakhe ngawo makabulawe.

16AmaSirayeli makaluhlonele olu suku, lube ngumqondiso ngokomnqophiso kwizizukulwana ngezizukulwana.

17Lona lungumqondiso ongasoze ujike phakathi kwam namaSirayeli. Kaloku mna Ndikhoyo ndênza izulu nehlabathi liphela ngeentsuku ezintandathu, ndaza ke ndaphumla ngomhla wesixhenxe.”

18Akukhov' ukuthetha uThixo noMosis entabeni yeSinayi, wamnikezela amacwecwe amatye amabini, apho uThixo ngenkqu wayeyibhale khona imimiselo.

Eyemfuduko 32

Isithixo esenziwe ngegolide

(Hlaz 9:6-29)

1AmaSirayeli akubona ukuba uMosis akabuyi entabeni, asuka amgungela uAron, athi: “Senzele uthixo oza kusikhokela. Okokwakhe yena laa Mosis wasikhupha eJiputa, asiyazi into emhleleyo.”

2UAron wayalela ukuba bathathe amacici ebafazini, koonyana, nasezintombini zabo, beze nawo kuye.

3Bawakhulula ke amacici lawo, beza nawo kuAron.

4Wawathatha ke, wawanyibilikisa, waza igolide leyo enziwe ngayo wayibumba ngezixhobo zokubumba, wenza inkunzana yenkomo

© 1996 Bible Society of South Africa.

ngayo. AmaSirayeli ke athi: “Sirayeli, nanku uThixo wakho owakukhupha eJiputa!”

5Akuyibona le nto uAron wakha iqonga lamadini apho phambi kwaloo nkunzana yenkomo, waza wenza isaziso esithi: “Ngomso kobhiyozelwa uNdikhoyo.”

6Kwangentseni ngomhla olandelayo benza amadini atshiswayo kwanatyiwayo. Ke kaloku abo bantu batya, basela, bahakaza, bada barheletya.

7 UNdikhoyo wayalela uMosis wathi: “Khawuleza uhle! Aba bantu bakho wabakhupha eJiputa babhatyazile;

8sebekhawuleze bawushiya umyalelo endabanika wona. Ngoku bazibumbele inkunzana yenkomo, bayinqula; futhi banikela amadini kuyo. Bathi: ‘MaSirayeli, lo nguThixo wethu owasikhupha eJiputa.’ ”

9UNdikhoyo waqhuba wathi: “Ngoku ndiyabaqonda aba bantu inkani yabo – nqwa neyesele!

10Ngoko ke wena ndiyeke, kuba ndiza kubacim' igama, wena ndikwenze ube sisizwe esikhulu.”

11Kambe ke uMosis watarhuzisa kuNdikhoyo uThixo wakhe, wathi: “Awu, Mhlekazi, ungathini kaloku ukusuka ulwe kanjalo nabantu bakho owabahlangula wabakhulula ngobungaka bona ubungangamsha kwelaseJiputa?

12Xa kunjalo amaJiputa angatsho ngakhona athi: ‘UThixo wamaSirayeli wawakhupha eJiputa eneenjongo zokuwatshabalalisela ezintabeni, awatshayele angabikho ehlabathini.’ Awu, ndiyakubongoza, Mhlekazi, lala ngenxeba, uxole, ungabi sabahlisela le ntlekele abantu bakho.

13Khawukhumbule izicaka zakho, uAbraham, uIsake, noSirayeli. Kaloku wazifunga kwawena siqu, usithi: ‘Inzala yenu ndiya kuyandisa, ibe ninzi

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

njengeenkwenkwezi ezisesibhaka-bhakeni. Eli lizwe ndinithembise ngalo liya kuba lilifa lezizukulwana zenu ngonaphakade. ' "

14Ngenene ke uNdikhoyo wabuya nganeno kuloo ntlekele wayethe uza kubahlisela yona abantu bakhe.

15UMosis ke wehla apho entabeni, ewaphethe loo macwecwe mabini amatye abhalwe ubungqina bomnqophiso macal' omabini.

16La macwecwe ke ayengumsebenzi kaThixo ncakasana, nombhalo lowo wawukrolwe nguye ngenkqu.

17Akuyiva ingxolo yabantu bekhwaza, uYoshuwa wabhekisa kuMosis wathi: "Ndiva intsholo esikhululweni ngathi lifile."

18UMosis waphendula wathi: "Kum le ntsholo ingathi asiyiyo eyoloyiso, okanye ukoyiswa; ivakala ngathi yeyeziyolo nje."

19Uthe ke uMosis akuba kufuphi, ebone loo nkunzi yenkomo, ngokunjalo nabantu beduda bexhentsa, suka wasisifu ngumsindo. Apho kanye phantsi kwentaba wasuka wawalahla phantsi loo macwecwe wayewaphethe, aphuka.

20Wayithatha loo nkunzi babeyibumbile, wayiphosa emlilweni, waza wayicola yangumgubo, wawugalela emanzini aselwa ngamaSirayeli.

21UMosis wabuza kuAron wathi: "Aba bantu bakwenze ntoni na ukuze ubafake kwesinje sona isono?"

22UAron waphendula wathi: "Ungakhathazeki, mntakwethu; kaloku nawe uyabazi aba bantu ukuba baqinel' enyaleni ngesono.

23Basuka bathi kum: 'Senzele uThixo oza kusikhokela, kuba asiyazi into emhleleyo laa Mosis osikhuphe eJiputa.'

24Ndithe ke kubo: 'Ndinikeni izinto zegolide eninazo,' baza ke benjenjalo. Ndasuka ke ndaziphosa emlilweni, kwee gqi le nkunzi."

25UMosis ke waqonda ukuba uAron uvule zabhuqa, baza abantu benza unothanda, bazenza intlekisa nasezintshabeni.

© 1996 Bible Society of South Africa.

26Ngoko ke wasuka wema esangweni, wathi: “Bonke abangakuNdikhoyo
mabaphume ngapha!” Ke kaloku kwaphuma yonke indlu kaLevi,
27waza wathi kubo: “Utsho uNdikhoyo uThixo kaSirayeli ukuthi: ‘Umntu
ngamnye kuni makathathe ikrele, aqale kweli sango, aye kuphuma kweliya
lingaphaya, ebinza elalis' ugodo, kumtakwabo, isihlobo, ngokunjalo
nommelwane wakhe.’ ”
28AbaLevi abo ke benza ngokwaloo myalelo, baza ke babulala amawaka
amathathu amadoda ngaloo mini.
29UMosis ke wathi kubaLevi: “Niyabona ke, namhlanje, ngokubulala
abantakwenu noonyana benu, niye naba ngababingeleli bokubusa
uNdikhoyo. Ngoko ke uNdikhoyo unithamsanqele.”
30Ngengomso ke uMosis wathi ebantwini: “Nenze isono esilumezayo. Naxa
kunjalo ndiza kuphinda ndiye entabeni kuNdikhoyo, ukuze ndenze
isingxengxezo ngenxa yesono senu.”
31UMosis waya kuNdikhoyo, wafika wathi: “Aba bantu benze isono
esilumezayo. Basuke bazibumbela isithixo ngegolide, basinqula.
32Ngoku ke ndiyakubongoza, baxolele; ukuba akunakuba njalo wosewulicima
igama lam encwadini yakho oyibhalileyo. ”
33UNdikhoyo wathi kuMosis: “Abantu abamagama ndiwacimayo encwadini
yam, ngabo bandonileyo bodwa.
34Ngoko ke hamba, ukhokele aba bantu, ubase kulaa ndawo ndandithethe
ngayo kuwe. Ke sona isithunywa sam siya kukukhokela. Kambe ke lakufika
ixesha ndiya kubohlwaya aba bantu ngenxa yesi sono.”
35Ke kaloku uNdikhoyo wawabetha ngobhubhani wesifo amaSirayeli ngenxa
yokuba amnyanzelayo uAron ukuba awenzele inkunzi yenkomo yegolide.

Eyemfuduko 33

Ukunduluka eSinayi

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1 UNdikhoyo wathi kuMosis: “Hamba apha, wena nabo bonke abantu owabakhokelayo waphuma nabo eJiputa, usingise kwilizwe endabathembisa lona ngesifungo uAbraham, uIsake, noYakobi,ndisithi: ‘Loba lelezizukulwana zenu.’

2Ndiya kuthumela isithunywa sinikhaphe, siwagxothe amaKanana, ama-Amori, amaHiti, amaPerezi, amaHivi, namaJebhusi.

3Hambani niye kwelo lizwe lendyebo nentlutha. Kambe ke mna andizukuhamba nani, hleze ndisuke ndinitshabalalise ningekafiki, kuba niluhlanga oluneenkani.”

4Athe ke amaSirayeli akuziva ezi ndaba zibuhlungu, asuka azila, azikhulula iintsimbi awayehomba ngazo.

5Kaloku uNdikhoyo wayethe kuMosis: “Xelela amaSirayeli: ‘Niluhlanga oluneenkani, ngoko ke andizukuhamba nani, kuba xa bendinokuhamba nani nomzuzwana lo, bendiya kusuka ndinitshabalalise. Zikhululeni iintsimbi zesihombiso; ndisaza kuyibona into endiza kunenza yona.’ ”

6Ngoko ke amaSirayeli azikhulula iintsimbi nezinye izihombiso zawo ukunduluka kwawo kwintaba iHorebhe.

Intente yokuhlangana

7Ke kaloku kolu hambo lwawo amaSirayeli ayesithi apho emise khona, uMosis agxumeke iintente, emise enye intente mganyana nje nendawo leyo bahlala kuyo. Le ke yayiyintente yokuhlangana; nabani na owayefuna ukuva kuNdikhoyo wayesiya kuyo.

8Wayesithi uMosis xa esiya ententeni yokuhlangana amaSirayeli wona eme emnyango ezintenteni zawo, ambukele ade aye kungena.

9Wayesithi nje ukuba angene uMosis, umqulu welifu uhle ufike uhlale emnyango ententeni apho, aze ke yena uNdikhoyo athethe noMosis.

10AmaSirayeli ayesithi akuwubona umqulu welifu usemnyango apho ententeni yokuhlangana, asuke ee guqaqa anqule.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Ke yena uNdikhoyo wayeye athethe noMosis ubuso ngobuso, njengaye nabani na othetha nomhlobo wakhe. UMosis ke wayesithi akugqiba agoduke, kodwa yena uYoshuwa umfana olihlakani lakhe, unyana kaNune, wayesala apho ententeni yokuhlangana.

Isithembiso sikaNdikhoyo

12UMosis wathetha noNdikhoyo, wathi: “Kaloku undiyalele ukuba ndikhokele aba bantu, ndibase kwelo lizwe, kodwa akutshongo ukuba kolu hambo ndokhatshwa ngubani na. Ewe, utshilo nokuthi: ‘Ndikwazi ngokupheleleyo; kwaye futhi ndikholisekile nguwe.’

13Ngoko ke, xa kunjalo, ndazise intando yakho, ukuze ndikwazi, ndihlale ndikholisekile kuwe. Kwakhona khumbula ukuba olu hlanga ngabantu bakho ncakasana.”

14UNdikhoyo waphendula wathi: “Hayi kaloku, ndiza kuhamba nani ngenkqu, ndinithi jize ngokuphumla.”

15Ke yena uMosis waleka ngelithi: “Ukuba akuhambi nathi, sukuba sasindululu simke apha.

16Xa ungahambi nathi kuya kwaziwa njani ukuba ukholisekile ndim naba bantu? Kanti ke xa ukho phakathi kwethu, siya kutsho sahluke kulo lonke uluntu.”

17UNdikhoyo wathi: “Ndiza kwenza kanye ngokwesicelo sakho, kuba kaloku ndikholisekile nguwe, futhi ke ndikwazi kakuhle.”

18UMosis waphinda wenza isicelo, wathi kuNdikhoyo: “Ke ngoku khawundivelele ngobuqaqawuli bakho.”

19UNdikhoyo wathi: “Ndiza kukubonisa isidima sam njengoko sinjalo, futhi ndilikhankanye igama lam ezindlebeni zakho, mna Ndikhoyo. Kaloku ndiya kuba nenceba kwabo ndinenceba kubo, ndibe novelwano kwabo ndinovelwano kubo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

20Andizukukubonisa ubuso bam; kaloku akukho mntu unokububona aphinde aphile.

21Kambe ke nantsi indawo ecaleni kwam apho ungema khona phezu kweliwa.

22Ndiya kuthi ke xa ndidlula khona ngobuqaqawuli bam, ndikufihle emfanteni yeliwa, ndize ndikugqume ngesandla ndide ndidlule.

23Ndakuba ndidlule ke, ndiya kusisusa isandla, ukuze ube nokundibona ndifulathele, hayi ebusweni."

Eyemfuduko 34

Ukuhlaziywa komnqophiso

(Mfud 23:14-19; Hlaz 7:1-5; 10:1-5; 16:1-17)

1 UNdikhoyo wayalela uMosis wathi: "Qingqa amanye amacwecwe amatye amabini afana nalawa okuqala, ukuze mna ndiwabhale kuwo amazwi awayebhalwe kulawa wawaphulayo.

2Ngomso kusasa uze unyuke intaba iSinayi, apho uya kundibona nam khona.

3Makungabikho mntu uhamba nawe okanye usondelayo nakuliphi na icala lentaba; nditsho kwaiigusha neenkomo mazingasondeli entabeni."

4UMosis ke wawaqingqa amacwecwe amabini amatye, waza ngengomso kusasa wenyuka nawo entabeni iSinayi ngokokutsho kukaNdikhoyo, ewaphethe ngezandla.

5Ke kaloku uNdikhoyo wehla ngelifu, waza wema noMosis apho entabeni, walikhankanya igama lakhe – uNdikhoyo.

6Waza ke wadlula phambi kwakhe, wandula wathi: "UNdikhoyo nguThixo onemfesane nesisa, oza kade umsindo, ophuphuma izibele nokunyaniseka.

7Ukunyaniseka kwakhe akujiki nakwizizukulwana ngezizukulwana; abakhohlakeleyo nabanxaxhayo nabonayo uyabaxolela. Kambe ke abanetyala ubohlwaya ade ohlwaye nesizukulwana sabo, aye kufikelela kwesesithathu nakwesesine ngenxa yeziphoso zooyise."

8UMosis wasuka wee guqaqa wakhahlela;

© 1996 Bible Society of South Africa.

[9]wambongoza wathi: “Ukuba ngenene ukholisekile ndim, Mhlekazi, sikhaphe. Nakuba siluhlanga oluneenkani nje, buxolele ubugwenxa nesono sethu, samkele sibe lilifa lakho.”

[10]UNdikhoyo wathi kuMosis: “Ngoku ke ndenza umnqophiso nani. Ndiya kwenza imimangaliso engazange yenziwe ehlabathini liphela, ngokunjalo nakwizizwe zalo. Kaloku mna Ndikhoyo ndiza kwenza into erhwaqelisayo phakathi kwenu.

[11]Yithobeleni imithetho endininika yona namhlanje. Xa ningenayo ndiya kuwagxotha ama-Amori, amaKanana, amaHiti, amaPerezi, amaHivi, namaJebhusi.

[12]Ningakhe nilinge nenze izivumelwano naba bantu ningena emhlabeni wabo, kuba ngokwenjenjalo ningazifaka esigwini.

[13]Ndaweni yaloo nto wadilizeni amaqonga abo amadini, niyifohloze imifanekiso yabo; ke sona isithixo sabo uAshera ze nisityoboze.

[14]“Ningaze ninqule thixo wumbi, kuba mna Ndikhoyo ndinguSobukhwele; ndinguThixo onekhwele.

[15]Sanukwenza zivumelwano nabantu belo lizwe; kuba hleze bathi, xa benqula besenzela izithixo zabo amadini amanyumnyezi, banimeme nani, nilukuhleke, nitye loo madini azo.

[16]Nani ningasuka nibathathele oonyana benu abafazi kwezo ntombi zabo, zithi ke ngaloo ndlela zibahende banqule izithixo.

[17]“Ningaze niziqingqele izithixo.

[18]“Ningaze niyeke ukwenza itheko lesonka sentlama engenagwele. Yenzani njengoko ndaniyalelayo, nitye isonka esinganyuswanga iintsuku zibe sixhenxe kwinyanga ka-Abhibhi. Kaloku leyo yinyanga enaphuma ngayo eJiputa.

[19]“Unyana wamazibulo ngokunjalo neduna lemfuyo lamazibulo lelam.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

20“Ke lona iduna lamazibulo ledonki nolihlawulela ngedini letakane. Kungenjalo ke niya kulaphula ilungu lentamo. Wonke unyana wamazibulo makahlawulelwe. “Akukho mntu makeze kum engaphathanga mnikelo.

21“Iintsuku ezintandathu evekini zezokwenza wonke umsebenzi wenu. Kodwa ke ngosuku lwesixhenxe ze niphumle; nditsho nkqu nangamaxesha okulima nokuvuna.

22“Xa nivuna ingqolowa yenzani itheko lolibo; kanti ke ningalityesheli netheko lesivuno ngexesha lokuvuna iziqhamo.

23“Onke amadoda makeze kunqula mna Ndikhoyo Thixo kaSirayeli kathathu ngonyaka.

24Ndiya kuzigxotha izizwe phambi kwenu, itsho inabe imida yenu, kungabikho namntu uya kuzama ukulihlutha elo lizwe kuni xa nisiya kundinqula mna Ndikhoyo Thixo wenu ngazo zozithathu ezi zihlandlo enyakeni.

25“Xa nindenzela idini ze ningasisebenzisi isonka sentlama enegwele. Ngexesha letheko lePasika inyama yedini ize ingabekwa mbeko.

26“Minyaka le zisani ulibo lwesivuno endlwini kaNdikhoyo. “Ningaze nilipheke ngobisi lukanina itakane lebhokhwe.”

27UNdikhoyo wayalela uMosis wathi: “Wabhale la mazwi. Kaloku umnqophiso wam nani uxhomekeke kuwo.”

28Ke kaloku uMosis wahlala apho iintsuku ezingamashumi amane engatyi engaseli. Amazwi omnqophiso wawabhala apho emacwecweni, oko kukuthi imithetho elishumi.

Ukubuya kukaMosis eSinayi

29Ukubuya kwakhe entabeni uMosis ephethe loo mithetho ilishumi, ubuso bakhe babukhazimla, kuba ethethe noNdikhoyo; kambe ke yena wayengayiqondi loo nto.

© 1996 Bible Society of South Africa.

30UAron namaSirayeli onke babubona ukuba ubuso bakhe buyakhazimla,
batsho boyika ukusondela kuye.

31Kodwa uMosis wababiza, waza uAron nazo zonke iinkokheli zamaSirayeli
beza kuye, waza wathetha nabo.

32Kamva ke onke amaSirayeli aqokelelana kuMosis, waza ke wawaxelela
yonke imiyalelo ayinikwe nguNdikhoyo entabeni iSinayi.

33Wathi ke akugqiba ukuthetha nabo uMosis, wabufaka isigqubuthelo ubuso
bakhe.

34Wayesithi xa eza kuthetha noNdikhoyo asisuse isigqubuthelo. Ekubuyeni
kwakhe ke wayewaxelela konke akuyalelwe nguNdikhoyo amaSirayeli.

35Wona ke ayebubona ukuba ubuso bakhe buyakhazimla. Kambe ke wayeye
afake isigqubuthelo, ade aphinde kwakhona aye kuthetha noNdikhoyo.

Eyemfuduko 35

Imithetho mayela noMhla wokuPhumla

1UMosis waliqokelela lonke ibandla lamaSirayeli, wathi: “Nantsi imiyalelo
kaNdikhoyo:

2iintsuku zokusebenza imisebenzi yenu zintandathu evekini, kodwa lona
usuku lwesixhenxe ngumhla owodwa okhethekileyo; ngumhla kaNdikhoyo,
umhla wokuphumla. Nabani na ke owenza nawuphi na umsebenzi ngawo
wobulawa.

3Ngawo akunakubaswa nomlilo lo emizini yenu.”

Iminikelo yesibingelelo

(Mfud 25:1-9)

4UMosis waliyalela lonke ibandla lamaSirayeli, wathi: “ UNdikhoyo uthi

5wonke umntu oziva elangazelela ukunikela kuye makathathe kwinto anayo:
igolide, isiliva, ubhedu,

6nelaphu elihle, elizuba, elimsobo, nelibomvu, nelaphu loboya bebhokhwe,

© 1996 Bible Society of South Africa.

7nofele lwenkunzi yegusha olubomvu, nesikhumba esisukiweyo; nomngampunzi,

8neoyile yezibane, nobulawu bokuqhola ioyile nokuqhola isiqhumiso sitsho sibe nevumba elimnandi;

9amatye ekarneli namanye amatye exabiso okuhombisa isidanga nesikhuselo-sifuba sombingeleli omkhulu."

Izinto zokwakha isibingelelo
(Mfud 39:32-43)

10Waqhuba uMosis wathi: "Onke amagcisa omsebenzi wezandla akhoyo phakathi kwenu makeze azokwenza isibingelelo nezinto ayalele ukuba zenziwe uNdikhoyo:

11intente kunye nesigqubuthelo sayo, amahaki, uphahla lwentente, izakhelo, imiqadi, kunye neziseko;

12ityesi yomnqophiso, inemiqobo yokuyiphatha, nesivalo, kunye nomkhusane;

13itafile, inemiqobo namasolotya ayo, kunye nesonka esingumnikelo kuThixo;

14isibane nobuxhaka-xhaka baso, neoyile;

15iqonga lesiqhumiso nemiqobo yokuliphatha, amafutha okuthambisa, isiqhumiso esivumba limnandi, umkhusane wesango lesibingelelo;

16iqonga lamadini linxityelelwe isisefu esenziwe ngobhedu, imiqobo yalo nako konke okwalo; isitya sokuhlambela nesiseko saso;

17umkhusane wenkundla neentsika neziseko zayo; umkhusane wesango lenkundla;

18izikhonkwane neentsontela zomphakathi ngokunjalo nenkundla;

19kunye nezo zivatho zingayiwayo zinxitywa ngababingeleli xa bebusa kwigumbi elingcwele, ngokunjalo nezivatho ezizodwa zika-Aron kunye noonyana bakhe."

Abantu bezisa iminikelo

© 1996 Bible Society of South Africa.

20Ke kaloku lonke ibandla lamaSirayeli lamshiya uMosis,

21waza uwonke-wonke kulo owayeziva elangazelela ukunikela kuNdikhoyo khon' ukuze kwakhiwe isibingelelo, weza ephethe umnikelo. Beza nayo yonke into eyayiyimfuneko kwezonqulo nasekwenzeni izivatho zababingeleli.

22Amadoda nabafazi ababeziva belangazelela ukunikela beza nezipeliti zokuhombisa, amacici, imisesane, amaso, nazo zonke iintlobo-ntlobo zobunewu-newu begolide, bazenza umnikelo owodwa kuNdikhoyo.

23Bezisa amalaphu amahle, azuba, amsobo, nabomvu; ilaphu loboya bebhokhwe, ufele olubomvu lwenkunzi yegusha, nesikhumba esisukiweyo.

24Kanti ke nabathanda ukunikela ngesiliva okanye ubhedu benjenjalo. Abanye banikela ngomngampunzi, khon' ukuze usetyenziswe nakuwuphi na umsebenzi.

25Onke amakhosikazi angamagcisa okusonta ezisa amalaphu amahle nemisonto ezuba, emsobo, nebomvu, awayeyisontile.

26Benza umsonto ngoboya bebhokhwe.

27Iinkokheli zona zeza namatye ekarneli namanye amatye okuhombisa isidanga nesikhuselo-sifuba,

28iziqholo neoyile yesibane, neziqholo zeoyile, neziqhumiso ezivumba limnandi.

29Onke amaSirayeli awayeziva enolangazelelo ezisa iminikelo kuNdikhoyo, khon' ukuze kufezekiswe umsebenzi owawuyalelwe uMosis.

Iingcibi zokwakha isibingelelo
(Mfud 31:1-11)

30UMosis wathi kumaSirayeli: “Niyabona, uNdikhoyo unyule uBhezaleli unyana kaUri umzukulwana kaYuri wendlu kaJuda.

31Umzalisile ngoMoya wakhe, wamthi jize ngobugcisa nobuchule nengqiqo ephangaleleyo,

© 1996 Bible Society of South Africa.

32ukuze akwazi ukucwangcisa nokuyila nokusebenza ngegolide, isiliva, nobhedu,

33ukukrola nokuqingqa amatye, nokuchwela, nawo wonke umsebenzi wobugcisa.

34Yena enoHoliyabhi unyana ka-Ahisamaki wendlu kaDan ubaphile ubuchule bokufundisa abanye ubugcisa.

35Ubaphe ubuchule beendidi zonke kumsebenzi wabakroli nabayili, nomsebenzi wokusonta amalaphu azuba, amsobo, nabomvu, nazo zonke iindidi zamalaphu. Ewe, bangamachule angawo kuyo yonke imisebenzi yobugcisa nokuyila.

Eyemfuduko 36

1“Ngoko ke uBhezaleli noHoliyabhi, nawo onke amagcisa anikwe ezi ziphiwo nokuqonda, anabo ubuchule bokuzenza zonke ezi zinto zifunekayo ekwakhiweni kwesibingelelo, makazenze zonke zibe matwa nomyalelo kaNdikhoyo.”

AmaSirayeli ayanikela

2Ke kaloku uMosis wathetha noBhezaleli noHoliyabhi, nabo bonke abaphiwe ubugcisa nababelangazelela ukunceda, wathi mabaqalise ukusebenza.

3UMosis wazigqithisela kubo zonke izinto zokusebenza ezazingumnikelo ovela kumaSirayeli ngeenjongo zokwakha isibingelelo. Baza abantu bathi rhoqo ukuzisa iminikelo yabo ngeentsasa zonke.

4Amagcisa lawo ayesebenza awuyeka umsebenzi,

5aya kuMosis, athi: “Lo mnikelo bawuzisayo aba bantu ngoku mninzi ngaphezu kwemfuneko yomsebenzi esiwuyalelwe nguNdikhoyo.”

6Ngoku ke uMosis wakhupha umyalelo, kwaza kwavakaliswa kumzi wonke kwathiwa: “Makungabikho bani, nokuba yindoda okanye obhinqileyo, ozisa omnye umnikelo esibingelelweni.” Ngoko ke abantu banqumama ekunikeleni.

7Lo mnikelo wawuselugqithisiwe wawungaphezu kwemfuneko.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Ukwakhiwa kwesibingelelo
(Mfud 26:1-37)

8Awona madoda angamagcisa kulawo ayesebenza, enza isibingelelo ngemikhusane elishumi yelaphu elihle kunene, linombala ozuba, omsobo, nobomvu; lihonjiswe laqhoqhonywa ngemifanekiso yezithunywa ezimaphiko, ezenziwe ngobugcisa nobunono.

9Le mikhusane yayilingana, iziimitha ezilishumi elinambini ubude, nesibini seemitha ububanzi.

10Imikhusane leyo ke bayithunga bayidibanisa ngamihlanu ngamihlanu.

11Benza amarhintyela ngelaphu elizuba phaya emphethweni ngapha nangapha.

12Bafaka amarhintyela angamashumi amahlanu kuloo macala omabini, bawenza alungelelana.

13Benza namashumi amahlanu amahaki ngegolide, khon' ukuze la macala mabini emikhusane ahlanganiswe abe yinto enye.

14Baza ke benza intente yangaphandle ngemiqulu elishumi elinanye eyenziwe ngoboya bebhokhwe.

15Bayenza yalingana yaziimitha ezilishumi elinantathu ubude, zambini ke ububanzi.

16Isihlanu sayo ke basithunga basidibanisa sayinto enye; ngokunjalo nesithandathu eso basithunga basidibanisa sayinto enye naso.

17Bafakela amarhintyela angamashumi amahlanu emphethweni wecala ngalinye.

18Bathatha ubhedu, benza ngalo amahaki angamashumi amahlanu, khon' ukuze la macala mabini adityaniswe.

19Baza intente bayenzela izigqubuthelo ezibini, esangaphantsi senziwe ngofele olubomvu lwenkunzi yegusha, esangaphezulu ngesikhumba esisukiweyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

[20]Benza izakhelo zokuxhasa intente leyo ngomngampunzi.

[21]Isakhelo ngasinye sasiziimitha ezine ubude neesentimitha ezingamashumi amathandathu nesithandathu ububanzi.

[22]Bazenza ke zalabalaba ngapha nangapha, ukuze zibe nokuhlanganiswa. Zonke ke izakhelo zenziwa ngale ndlela.

[23]Izakhelo ezo zaba ngamashumi amabini ezangezantsi.

[24]Ngokunjalo bazenzela iziseko ngesiliva zamashumi mane, zazibini esakhelweni, ukuze zibambe nale ndawo ilabalabayo.

[25]Amantla bawenzela izakhelo ezingamashumi amabini,

[26]ngokunjalo neziseko zesiliva ezingamashumi amane, zazibini esakhelweni.

[27]Kwicala langasemva entshona benza izakhelo zazithandathu,

[28]baza benza izakhelo zazibini ezikoneni.

[29]Ezi zakhelo zeekona zaziqhagamshelwe emazantsi, zaya kuqhina phezulu. Kunjalo ke okwezi zakhelo zibini zeekona.

[30]Ngoko ke zazisibhozo izakhelo, zixhaswe ngeziseko ezilishumi elinesithandathu – zizibini esakhelweni.

[31]Kwakhona benza imiqadi yezakhelo ngomngampunzi. Yayimihlanu ngapha

[32]nangapha, ngokunjalo nakwicala langasentshona ngasemva.

[33]Lo uphakathi bawubeka esizikithini, wasuka ngapha waya kuthi ngqu ngaphaya.

[34]Izakhelo ezo bazityabeka ngegolide, bazinxibelela amakhonkco enziwe ngegolide apho kwakungena khona imiqadi – miqadi leyo eyayityatyekwe ngegolide nayo.

[35]Baza ke bathatha imiqulu yelaphu elisontwe kakuhle, benza umkhusane. Wawuyile mibala: ozuba, omsobo, nobomvu. Futhi ke wawuhonjiswe ngemifanekiso yezithunywa ezimaphiko, eyenziwe ngobugcisa nobunono.

© 1996 Bible Society of South Africa.

36Lo mkhusane ke wawuxhonywe kwiintsika zomngampunzi, bezityabeke ngegolide, bazenzela amahaki; zona ke zazixhaswe ngeziseko ezine zesiliva.

37Esangweni lesibingelelo bafaka umkhusane owenziwe ngelaphu lisontwe kakuhle, linale mibala: ozuba, omsobo, nobomvu; baza ke baliqhoqhonya balihombisa ngobugcisa nobunono.

38Lo mkhusane ke bawenzela iintsika ezintlanu, bazifakela amahaki. Iintloko zeentsika, ngokunjalo nemiqadi, bayityabeka ngegolide, baza bazenzela iziseko ezihlanu ngobhedu.

Eyemfuduko 37

Ukwenziwa kwetyesi yomnqophiso
(Mfud 25:10-22)

1UBhezaleli wayenza ityesi yomnqophiso ngomngampunzi. Yayiziisentimitha ezilikhulu elineshumi ubude, zingamashumi amathandathu nantandathu ububanzi kwanomphakamo wayo.

2Wayityabeka ngegolide ngaphandle nangaphakathi, waza ke wayiphetha kwangayo jikelele.

3Kumanqina ayo omane wayifakela amakhonkco enziwe ngegolide, amabini kweli cala, amabini kweliya.

4Kwakhona wenza imiqobo yokuphatha, wayityabeka ngegolide,

5wayifaka kulaa makhonkco ngapha nangapha, ukuze ibe nokuthwalwa.

6Wathatha igolide, wenza isivalo setyesi. Sasiziisentimitha ezilikhulu elineshumi ubude, zingamashumi amathandathu anantandathu ububanzi.

7-9Wathatha igolide, wabumba izithunywa ezimaphiko zambini, wazenza zaba yinto enye nesivalo eso, zamiswa ngapha nangapha phezu kwaso zijongene, athi ke naloo maphiko azo athe naa agubungela isivalo eso.

Ukwenziwa kwetafile
(Mfud 25:23-30)

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Wathatha umngampunzi, wenza itafile. Yona yayingamashumi asibhozo anesibhozo eesentimitha ubude, zingamashumi amane anane ububanzi; kanti ke ukuphakama zazingamashumi amathandathu anesithandathu.

11Wayeyityabeka ngegolide ecwengileyo, futhi wayiphetha kwangayo jikelele.

12Ngokunjalo wayenzela ungqameko oluyijikelezileyo, lungangesandla ububanzi, waza waluphetha ngegolide jikelele.

13Wayifakela amakhonkco amane, enziwe ngegolide, wawanxibelela ezikoneni zone apho imilenze yayifakelwe khona.

14La makhonkco okungena imiqobo yokuphatha wawenza alungelelana nongqameko olo.

15Ke yona imiqobo leyo wayenza ngomngampunzi, wayityabeka ngegolide.

16Itafile leyo wayenzela izitya ngegolide: iipleyiti, iikomityi, iindebe, nezitya zokwenza idini lewayini.

Isibane
(Mfud 25:31-40)

17Wathatha igolide ecwengileyo, wenza isibane. Amazantsi kunye nesiqu saso wasibumba ngegolide naso. Wasenzela izihombiso ngeentyatyambo, imidumba, namagqabi eentyatyambo; zonke ke zaba yinto enye nesibane eso.

18Kwalapho kuso wanxibelela amasebe aso: amathathu ngapha nangapha.

19La masebe mathandathu aphuma esiqwini sesibane wawahombisa ngeentyatyambo zealmondi, nangemidumba, nangamagqabi eentyatyambo.

20Nesiqu sesibane wasihombisa ngeentyatyambo ezine zealmondi, wasivathisa ngemidumba namagqabi eentyatyambo.

21Onke amasebe lawo wawasekela ngomdumba.

22Imidumba namasebe lawo, ngokunjalo nesibane siphela, zazenzwe ngegolide ecwengileyo, kuyinto enye nje.

© 1996 Bible Society of South Africa.

23Esi sibane ke uBhezaleli wasenza ngohlobo lokuba sibe zizibane ezisixhenxe. Umcephe wokusicima ngokunjalo nezithetyana zaso wazenza ngegolide.

24Ekwenzeni esi sibane ngokunjalo nobuxhaka-xhaka baso wasebenzisa igolide eziikhilogram ezingamashumi amathathu nantlanu ubunzima.

Ukwenziwa kweqonga lesiqhumiso
(Mfud 30:1-5)

25UBhezaleli wathatha umngampunzi, wenza iqonga lesiqhumiso. Amacala alo wawenza alingana, aziisentimitha ezingamashumi mane nantlanu, zangamashumi alithoba ukuphakama. Iimpondo zalo zazintwinye nalo.

26Eli qonga lonke walityabeka ngegolide: umphezulu, amacala, neempondo; futhi waliphetha kwangegolide jikelele.

27Walenzela amakhonkco amabini ngegolide. Wawanxibelela apha phantsi komphetho macala, khon' ukuze apho kuwo kungene imiqobo yokuphatha.

28Wathatha umngampunzi, wenza imiqobo, waza wayityabeka ngegolide.

Ukwenziwa kwamafutha nesiqhumiso
(Mfud 30:22-38)

29Kananjalo wenza amafutha awodwa okuthambisa. Ngokukwanjalo wenza nesiqhumiso esivumba liyolileyo. Xa zizonke ke wazixuba okwechule.

Eyemfuduko 38

Ukwenziwa kweqonga lamadini
(Mfud 27:1-8)

1Ke kaloku uBhezaleli wenza iqonga lamadini ngomngampunzi. Lalilingana macala, liziimitha ezimbini namashumi amabini eesentimitha ubude nobubanzi; ukuphakama kuyimitha enye namashumi amathathu eesentimitha.

2Izibonda zalo ezikoneni phaya wazenza zalabalaba zenza iimpondo. Walityabeka ngobhedu jikelele.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Ngokunjalo ke walenzela izixhobo zalo: iimbiza zokukhongozela uthuthu, iifotsholo, izitya, iifolokhwe, neepleyiti zomlilo. Zonke ezi zixhobo wazenza ngobhedu.

4Wenza isisefu ngobhedu, waza wasifaka phantsi kongqameko olujikeleze iqonga, ngohlobo lokuba sithathe isiqingatha sokuphakama kweqonga.

5Ezikoneni phaya wafakela amakhonkco okungena imiqobo yesisefu.

6Wenza nemiqobo yokuphatha ngomngampunzi, wayityabeka ngobhedu,

7waza wayifaka kulaa makhonkco ngapha nangapha. Iqonga elo ke walenza langumhaba-haba nje.

Ukwenziwa kwesitya sobhedu
(Mfud 30:18)

8Waza ke uBhezaleli wenza isitya sokuhlambela ngobhedu; nesiseko saso wasenza kwangobhedu. Olu bhedu ke baluthatha kwizipili zobhedu ezanikezelwa ngamakhosikazi awayelungiselela apho esangweni lesibingelelo.

Inkundla yesibingelelo
(Mfud 27:9-19)

9 Isibingelelo ke uBhezaleli wasenzela inkundla ngomkhusane owenziwe ngelaphu elisontwe ngobuchule. Kwicala langezantsi lo mkhusane wawuziimitha ezimashumi mane nane ubude.

10Wawumisa ngeentsika zobhedu ezimashumi mabini, zixhaswe ziziseko zobhedu ezimashumi mabini, waza wenza namahaki nemiqadi ngesiliva.

11Nakwicala langasentla ke wayenza kwangolu hlobo.

12Ngasentshona ke umkhusane wawenza ngelaphu eliziimitha ezimashumi mabini nambini ubude, wawenzela neentsika ezilishumi, zaxhaswa ziziseko ezikwalishumi; wenza namahaki nemiqadi ngesiliva.

13Kwicala lasempuma, apho kwakukho isango, umkhusane wawuziimitha ezimashumi mabini nambini ububanzi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

14-15Ngapha nangapha esangweni umkhusane wawenza waziimitha ezintandathu mashumi omathandathu eesentimitha; wawenzela neentsika ezintathu, zaxhaswa ziziseko ezikwazithathu.

16Umkhusane wenkundla jikelele wawenza ngelaphu elisontwe ngobuchule.

17Iziseko zeentsika wazenza ngobhedu; ke wona amahaki nemiqadi wayenza ngesiliva, futhi neentloko zeentsika wazityabeka kwangayo. Iintsika zenkundla zonke wazidibanisa ngemiqadi yesiliva.

18Umkhusane wesango lenkundla wawenza ngelaphu elisontwe ngobuchule, liyile mibala: ozuba, omsobo, obomvu, wawaqhoqhonya wawahombisa ngobunono. Umkhusane wawuziimitha ezilithoba ubude, zimbini ukuphakama, kwanjengalowo wenkundla.

19Lalixhaswe ziintsika ezine, zimi ngeziseko ezikwazine zobhedu. Iintloko zeentsika wazityabeka ngesiliva, futhi namahaki nemiqadi wayenza kwangayo.

20Zonke izikhonkwane zesibingelelo ndawonye nenkundla jikelele wazenza ngobhedu.

Iinkcukacha ngezinto ezasetyenziswayo

21Nabu ubungakanani bezinto ezasetyenziswayo ekwakhiweni kwesibingelelo apho kwakuhlala khona amacwecwe amabini amatye ekwakubhalwe kuwo imithetho elishumi. Uludwe olu lwagunyaziswa nguMosis, lwenziwa ngabaLevi, bekhokelwa nguItamare unyana ka-Aron.

22UBhezaleli unyana kaUri, umzukulwana kaYuri wendlu kaJuda, wenza yonke into ngokomyalelo kaNdikhoyo.

23Ugxa wakhe uHoliyabhi, unyana ka-Ahisamaki, wendlu kaDan, wayengumkroli nomyili, engumluki wamalaphu asontwe ngobugcisa: azuba, amsobo, nabomvu.

24Iyonke igolide eyanikelwa kuNdikhoyo ngenjongo yokwakha isibingelelo yayiliwaka leekhilogram ubunzima ngokomlinganiselo ovunyiweyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

25Yona isiliva yomnikelo wababaliweyo yayingamawaka amathathu, makhulu omane anamashumi amathathu eekhilogram ubunzima.

26Le mali ke ngumrhumo owakhutshwa ngabo bonke abantu ababalwayo, bekhupha ngokomlinganiselo omisiweyo. Inani lamadoda abalwayo angaphezu kwamashumi amabini ubudala ayengamakhulu mathandathu nantathu amawaka, makhulu mahlanu, mashumi omahlanu.

27Kule siliva ke amawaka amathathu anamakhulu amane eekhilogram asetyenziswa ekwakheni ikhulu leziseko zesibingelelo nomkhusane. Iikhilogram ezingamashumi amathathu anane zaba zezesiseko ngasinye.

28Ke wona amashumi amathathu eekhilogram aseleyo esiliva uBhezaleli wenza ngawo imiqadi, amahaki eentsika, nokutyatyekwa kweentloko zazo.

29Ubhedu olwanikelwayo kuNdikhoyo lwaluziikhilogram ezimawaka mabini, makhulu omane, namashumi amabini anantlanu.

30Ngalo ke wenza iziseko zesango lesibingelelo, iqonga nesisefu salo, nazo zonke izixhobo zeqonga,

31iziseko zenkundla jikelele, kunye nesango layo, ngokunjalo nezikhonkwane zesibingelelo nenkundla.

Eyemfuduko 39

Ukwenziwa kwezivatho zababingeleli

(Mfud 28:1-14)

1Ke kaloku ezo zivatho zingayiwayo zobubingeleli ooBhezaleli bazenza zayile mibala: ozuba, omsobo, nobomvu. Ezi mpahla ke ababingeleli babezinxiba xa besebenza endaweni engcwele. Izivatho zika-Aron ke bazenza ngokomlomo kaNdikhoyo kuMosis.

2 Isidanga basenza ngelaphu elisontwe ngobunono. Laliyile mibala: ozuba, omsobo, nobomvu; ngokunjalo basebenzisa negolide xa bayenzayo.

3Bathatha igolide, bayibumba bayincwela, bakhupha imisonto, baza bayithungela ngobugcisa nobunono kweli laphu limabala-bala.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Bayenzela imixwayo eqabela emagxeni, idibanise amacala ayo omabini.

5Ibhanti yayo entle kunene, eyenziwe kwangelo laphu, bayithungela ngokomlomo kaNdikhoyo kuMosis.

6Bathatha amatye ekarneli, bawalungisa bawafakela izipeliti zegolide. Kula matye ke kwakukrolwe ngobugcisa obukhulu amagama oonyana bakaYakobi abalishumi elinambini.

7Bawafakela kwimixwayo yesidanga ukuze abe sisikhumbuzo ngoonyana bakaSirayeli abalishumi elinambini ngokomyalelo kaNdikhoyo kuMosis.

Ukwenziwa kwesikhuselo-sifuba
(Mfud 28:15-30)

8Isikhuselo-sifuba basenza kwangezaa zinto senziwe ngazo isidanga, nangobugcisa obukwanjalo.

9Basenza sangumphindo olinganayo, ubude nobubanzi baziisentimitha ezingamashumi amabini anambini.

10Basiqhoqhonya ngemiqolo emine yamatye exabiso. Kowokuqala yaba yirubhi, itopazi, negarneti;

11kowesibini yaba yiemeraldi, isafire, nedayimani;

12kuludwe lwesithathu yaba yitekoyisi, iagati, neamatiste;

13kwaza kolwesine yaba yibherile, ikarneli, nejaspa. Onke ke bawaqhobosha ngesipeliti segolide.

14Kwilitye ngalinye ke bakrola amagama oonyana bakaYakobi abamele izindlu ezilishumi elinambini zikaSirayeli.

15Isikhuselo-sifuba basenzela amatsheyini amabini aphothwe ngemingqa yegolide.

16Benza izipeliti zazibini ngegolide, ngokunjalo namakhonkco amabini egolide, baza bawanxibelela kwiikona zesikhuselo-sifuba ezingasentla.

17La matsheyini mabini bawarhintyela kula makhonkco mabini egolide,

© 1996 Bible Society of South Africa.

18baza baqhagamshela la macala mabini amatsheyini aseleyo kula makhonkco mabini, bawabamba ngezaa zipeliti zibini. Ngolo hlobo ke abhijela ngaphambili aya kuqhagamshela kwimixwayo yesidanga.

19Kwakhona benza amakhonkco amabini egolide, baza bawanxibelela phaya kwezaa kona zaso zingezantsi ngaphakathi phezu kwesidanga.

20Kwangokunjalo benza amanye amakhonkco amabini ngegolide. Bawanxibelela kumazantsi emixwayo yesidanga ngaphambili, kude kufuphi kodwa ngaphezu kwalaa bhanti ithungwe ngobugcisa nobuchule.

21Kanye ngokomlomo kaNdikhoyo kuMosis amakhonkco esikhuselo-sifuba bawadibanisa namakhonkco esidanga ngomtya ozuba, ngohlobo lokuba isikhuselo-sifuba sihlale phezu kwesidanga singabhakuzeli.

Ezinye izivatho zobubingeleli
(Mfud 28:31-43)

22Ke wona umnweba onxitywa phezu kwesidanga bawenza ngelaphu elizuba.

23Indawo yokungena intloko bayivula, baza bayiqukumbela yaqina, khon' ukuze ingakrazuki.

24-26Kumazantsi awo bawenzela imifanekiso yerharnati ezuba, emsobo, nebomvu. Ezi zihombiso ke bazenza zabolekisana neentsinjana ezenziwe ngegolide ngokomlomo kaNdikhoyo kuMosis.

27UAron noonyana bakhe babathungela iihempe,

28iqhiya, umnqwazi, iibhulukhwe zangaphantsi,

29ngokunjalo nomxwayo osontwe ngelaphu elihle. Laliyile mibala: ozuba, omsobo, nobomvu. Balihombisa, baliqhoqhonya ngobugcisa ngokomyalelo.

30Bathatha igolide, benza icwecwe elihle, baza kulo bakrola umbhalo owodwa othi: “OkaNdikhoyo pheleleyo.”

31Baliqhagamshela ngomsonto ozuba eqhiyeni ebunzi, kanye ngokomlomo kaNdikhoyo kuMosis.

Ukuphethwa komsebenzi
(Mfud 35:10-19)

© 1996 Bible Society of South Africa.

32Ke kaloku umsebenzi wokwakhiwa kwesibingelelo wada wagqitywa.
AmaSirayeli ayenza yonke into ngokomlomo kaNdikhoyo kuMosis.

33Zonke izinto ezaziyimfuneko azinikezela kuMosis: intente nezixhobo zayo,
amahaki, izakhelo, imiqadi, iintsika, neziseko zayo;

34isigqubuthelo esenziwe ngofele lwenkunzi yegusha olubomvu; kunye neso
sesikhumba esisukiweyo; umkhusane;

35ityesi yomnqophiso enamacwecwe amatye, imiqobo yokuyiphatha, nesivalo
sayo;

36itafile nezinto ezibekwa phezu kwayo, isonka esinikelwa kuThixo;

37ubuxhaka-xhaka besibane senziwe ngegolide nokwaso; ioyile yezibane;

38iqonga legolide; amafutha okuthambisa, isiqhumiso esivumba limnandi;
umkhusane wesango;

39iqonga lobhedu, nesisefu salo sobhedu, imiqobo yokuliphatha, nezixhobo
zalo; isitya sokuhlambela, ngokunjalo nesiseko saso;

40umkhusane wenkundla, iintsika neziseko zayo; umkhusane wesango
lenkundla; iintsontela nezikhonkwane zentente; nazo zonke izixhobo
zentente;

41ngokunjalo nezo zivatho zingayiwayo zinxitywa ngababingeleli kwigumbi
elingcwele – ezo zivatho zizodwa zika-Aron noonyana bakhe.

42Ewe, amaSirayeli ayenza yonke into kanye ngokomlomo kaNdikhoyo
kuMosis.

43UMosis wawuhlola loo msebenzi, wafumanisa ukuba ngenene yonke into
bayenze ngokomyalelo kaNdikhoyo. Ngoko ke wasuka wabathamsanqela.

Eyemfuduko 40

Ukumiselwa nokuvulwa kwesibingelelo

1 UNdikhoyo wayalela uMosis wathi:

2“Ngomhla wokuqala ngenyanga yokuqala uze umise isibingelelo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Uya kuthatha ityesi enobungqina bomnqophiso, uyifake esibingelelweni,
uyivalele ngomkhusane.

4Uze ungenise itafile, ngokunjalo nezinto ezibekwa phezu kwayo, uyimise
ngohlobo lwayo. Phezu kwayo uze ubeke nesibane nobuxhaka-xhaka baso.

5Ngoku ke faka iqonga lesiqhumiso, eliya lenziwe ngegolide, phambi
kwetyesi yomnqophiso; uze ufake umkhusane wesango lesibingelelo.

6Apho ke phambi komnyango wesibingelelo misa iqonga lamadini.

7Faka isitya sokuhlambela phakathi kweqonga lamadini nesango
lesibingelelo, usigalele amanzi.

8Ngoku ke twabulula uthango lwenkundla jikelele, ufake umkhusane
esangweni.

9“Wakukhov' ukwenjenjalo ke, uya kuthatha amafutha, umisele isibingelelo
ngokusithambisa ngawo xa sisonke ndawonye neempahla zaso. Wakuba
uyenzile ke loo nto, siya kuba yindawo eyodwa ekhethekileyo.

10Kamva ke uya kuthambisa iqonga lamadini ndawonye nezixhobo zalo. Nalo
ke liya kutsho libe yindawo ekhethekileyo.

11Kwangokunjalo ke uze uthambise nesitya sokuhlambela nesiseko saso.

12“Kwakhona ke uya kubiza uAron noonyana bakhe, beze esangweni
lesibingelelo, ubahlambe ngamanzi.

13Ngoku ke uAron makavathe ezobubingeleli, umthambise ummisele abe
ngumbingeleli.

14Noonyana bakhe bathi wambu ngeyabo iminweba.

15Kwanjengoyise nabo bathambise, ubamisele ebubingelelini. Ewe,
ngokubathambisa uya kuba ubamisela ukuba babe ngababingeleli bona nazo
zonke izizukulwana zabo.”

16Ke kaloku yonke le nto uMosis wayenza kanye ngokomyalelo lowo
kaNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Ngoko ke kwathi ngomhla wokuqala, kwinyanga yokuqala, ngonyaka wesibini bemkayo eJiputa, samiselwa isibingelelo.

18Ukumisa kukaMosis isibingelelo wenjenje: wazimisa iziseko eendaweni zazo, wazimisa izakhelo zaso, wafaka imiqadi, wamisa neentsika.

19Wasuka ke wayitwabulula intente yesibingelelo, wayambathisa nangesigqubuthelo sayo kanye ngokomlomo kaNdikhoyo.

20Ngoko ke wathatha amacwecwe amabini anobungqina bomnqophiso, wawafaka kwityesi yomnqophiso. Wathatha nemiqobo, wayifaka kuloo makhonkco etyesi, waza wayivala ngesivalo sayo.

21Emva koko wathatha ityesi yomnqophiso leyo, wayingenisa esibingelelweni, wavala ngomkhusane. Ngale ndlela ke wayivalela ityesi yomnqophiso ngokwelizwi likaNdikhoyo.

22Ke kaloku wathatha itafile, wayingenisa esibingelelweni, wayibeka kwicala langasentla nganeno komkhusane,

23waza wathatha isonka esinikelwe kuNdikhoyo, wasibeka phezu kwayo ngokomyalelo.

24Wathatha nesibane, wangena naso, wasibeka kwicala langasezantsi, sajongana netafile.

25Zimi njalo phambi koNdikhoyo wazilumeka izibane ngokomyalelo kaNdikhoyo.

26Wangenisa iqonga legolide ngaphakathi, walibeka phambi komkhusane,

27watshisa eso siqhumiso sivumba limnandi ngokwelizwi likaNdikhoyo.

28Waxhoma umkhusane esangweni lesibingelelo,

29waza wemisa iqonga lamadini apho ngasesangweni. Belisenziwa apho ke idini elitshiswayo kunye nedini leenkozo ngokomlomo kaNdikhoyo.

30Wabeka isitya sokuhlambela phakathi kweqonga lamadini nentente yesibingelelo, waza wasizalisa ngamanzi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

31UMosis, uAron, noonyana bakhe, babehlamba izandla neenyawo zabo apho
kuloo manzi,

32ngalo lonke ixesha bengena esibingelelweni okanye besiya kwiqonga
lamadini, ngokwelizwi likaNdikhoyo.

33Ke kaloku uMosis wabiyela inkundla yangqonga isibingelelo neqonga
lamadini, waza walivala ngomkhusane isango layo. Waba ke ngoko uwufezile
umsebenzi.

Ilifu eliphezu kwesibingelelo
(Ntlango 9:15-23)

34Kwesi sithuba ke lasuka ilifu lasigubungela isibingelelo, saza isibingelelo
sathi qhakra bubuqaqawuli bukaNdikhoyo.

35Ngenxa yale meko uMosis akabanga saba nako ukungena esibingelelweni.

36Kolu hambo lwawo ke amaSirayeli ayesithi apho lisuke khona ilifu
esibingelelweni athabathise eluhambeni kwakhona.

37Kanti ke ayelinda anganduluki xa lisafukamile ilifu elo.

38Kaloku kolu hambo lwawo amaSirayeli ayesoloko elibona ilifu elalatha
ubukho bukaNdikhoyo likhakhaba apho esibingelelweni xa kusemini, lisuke
ke ebusuku lithi qhakra umlilo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

Eyonqulo

Eyonqulo 1

Amadini atshiswayo

1 UNdikhoyo wabiza uMosis, wathetha naye esesibingelelweni, wathi

2makathethe namaSirayeli athi: “Xa umntu esenza umnikelo kuNdikhoyo makawenze ngento efuyiweyo, nokuba yinkomo, nokuba yimpahla emfutshane.

3Xa anikela ngenkomo, esenza idini elitshiswayo, mayibe yinkunzi engenaso nasinye isiphako. Makayise esangweni lesibingelelo, khon' ukuze uNdikhoyo amamkele.

4Loo mntu ke uya kubeka isandla sakhe entloko kuloo nkomo, yaye ke iya kwamkeleka ibe lidini lokumcamagushela.

5Loo nkunzi iya kuxhelelwa apho phambi kukaNdikhoyo, baze ababingeleli bomlibo ka-Aron balisondeze kuNdikhoyo igazi layo, babuye batshize ngalo amacala onke eqonga lamadini elisekungeneni kwesibingelelo.

6Loo mntu uya kubuya ayihlinze inkomo leyo, ayihlahle,

7baze bona ababingeleli baphembe umlilo eqongeni, babekelele iinkuni phezu kwawo.

8Baya kuthatha iinyama ezo, kunye nentloko, kwakunye namanqatha, bazibeke emlilweni apho.

9Umntu lowo yena makahlambe izibilini namanqina enkomo leyo, aze yena umbingeleli alitshise lonke elo dini phezu kweqonga. Eli lidini elitshiswayo. Litshiswa ngomlilo, litsho ngevumba elithandekayo kuNdikhoyo.

10“Ukuba into ekwenziwa umnikelo ngayo yigusha okanye yibhokhwe, mayibe liduna elingenasiphako.

11Leyo makayixhelele kwicala elingasentla leqonga phambi kukaNdikhoyo, baze oonyana baka-Aron, ababingeleli, balitshize igazi kumacala onke eqonga.

© 1996 Bible Society of South Africa.

12Yakuba ihlahliwe, umbingeleli wozibeka emlilweni oseqongeni zonke ezo
nyama, ndawonye nentloko kunye namanqatha.

13Umntu onikelayo yena uya kuhlamba izibilini kwakunye namanqina elo
dini, aze yena umbingeleli alitshise lonke apho eqongeni. Eli lidini
elitshiswayo. Litshiswa ngomlilo, litsho ngevumba elithandekayo
kuNdikhoyo.

14“Ukuba yintaka ekwenziwa ngayo idini elitshiswayo, mayibe lihobe okanye
ivukuthu.

15Umbingeleli wolisondeza eqongeni, aliqhawule intamo, alitshise apho
eqongeni. Igazi lona uya kulophisela apho ecaleni leqonga.

16Wolikhupha indlelo, ayilahle kunye neentsiba kwicala elingasempumalanga
kweqonga, apho kulahlwa khona uthuthu,

17andule ukulibamba ngamaphiko, aliqhaqhe, kodwa angalikrazuli kubini;
athi emva koko alitshise lonke apho eqongeni. Eli lidini elitshiswayo.
Litshiswa ngomlilo, litsho ngevumba elithandekayo kuNdikhoyo.”

Eyonqulo 2

Umnikelo wokutya

1“Xa kukho umntu onikela ukutya kuNdikhoyo, makube ngumgubo.
Makawudibanise namafutha omnquma, aze agalele intlaka yesiqhumiso,

2awunikezele kubabingeleli bomlibo ka-Aron. Umbingeleli uya kukha
kangangesandla kuloo mgubo, udityaniswe namafutha, aze athathe yonke
intlaka yesiqhumiso, azitshise apho eqongeni, oku kube ngumqondiso
wokuba yonke loo nto ngumnikelo kuNdikhoyo. Ivumba laloo mnikelo
womlilo liyathandeka kuNdikhoyo.

3Okushiyekileyo ke koko kutya kuya kuba koka-Aron noonyana bakhe.
Kukutya okukodwa ke oku; kaloku kuthathwe kukutya okunikelwe
kuNdikhoyo ngomlilo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4“Ukuba umnikelo wenziwa ngesonka sombhako, masibe sisonka somgubo, singabi nagwele. Kungaba sisonka esikhulu esenziwe ngomgubo oxutywe namafutha omnquma, okanye kube ngamaqebengwana aqatywe ngaloo mafutha.

5“Ukuba umnikelo wenziwa ngesonka esojiwe ngepani, masibe sesomgubo oxutywe namafutha omnquma, kodwa singabi nagwele.

6Masiqhekezwe eso sonka, sigalelwe amafutha. Ngumnikelo wokutya ke lowo.

7“Ukuba umnikelo wenziwa ngesonka esiphekiweyo, masibe sesomgubo oxutywe namafutha omnquma.

8“Umnikelo wokutya mawusondezwe kuNdikhoyo, unikwe umbingeleli, awuse eqongeni.

9Uya kwandula umbingeleli ukuthatha intwana engumqondiso wokuba unikelwa kuNdikhoyo, ayitshise apho eqongeni. Lo ngumnikelo womlilo. Ivumba ledini lomlilo liyathandeka kuNdikhoyo.

10Okuseleyo kuloo mnikelo kokuka-Aron noonyana bakhe; kaloku kukutya okukodwa, kuba kuthathwe kukutya okunikelwe kuNdikhoyo ngomlilo.

11“Konke ukutya okunikelwa kuNdikhoyo makungabi nagwele. Ungaze ufake igwele okanye ubusi kukutya okunikelwa kuNdikhoyo ngomlilo.

12Umnikelo wolibo lwesivuno sengqolowa ungásondezwa kuNdikhoyo yonke iminyaka, phofu ungàtshiswa eqongeni ngenjongo yokwenza ivumba elimyoli.

13Ityiwa mayigalelwe kuwo wonke umnikelo wokutya, kuba kaloku ityiwa yalatha umnqophiso ophakathi kwenu noThixo. Ke ngoko yonke iminikelo mayigalelwe ityiwa.

14Xa usondeza umnikelo wolibo lwesivuno sengqolowa yiza nomgrayo wengqolowa ogcadiweyo, okanye ingqolowa engqushiweyo.

15Dibanisa amafutha omnquma, ugalele intlaka yesiqhumiso.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Umbingeleli woyitshisa inxalenye yomgubo namafutha kwakunye nentlaka leyo iyonke, oku kube ngumqondiso wokuba yonke loo nto ngumnikelo kuNdikhoyo ngomlilo.”

Eyonqulo 3

Amadini obudlelane

1“Xa kukho umntu onikela ngenkomo ukuba kwenziwe ngayo idini lobudlelane, loo nkomo mayibe yinkunzi okanye imazi engenasiphako.

2Loo mntu unikelayo makabeke isandla phezu kwentloko yaloo nkomo, aze ayihlabe apho esangweni lesibingelelo sikaNdikhoyo. Ababingeleli bomlibo ka-Aron bona bothi tshize ngegazi elo kumacala onke eqonga.

3Kweli dini lobudlelane mabenze umnikelo womlilo ngezi nyama: onke amanqatha enyama yangaphakathi,

4izintso namanqatha azo, nomhlehlo oya kususwa kunye nezintso ezo.

5Ababingeleli bowatshisa loo manqatha apho eqongeni ndawonye naloo minikelo itshiswayo. Lo ngumnikelo womlilo. Ivumba ledini lomlilo liyathandeka kuNdikhoyo.

6“Ukuba yigusha okanye yibhokhwe ekwenziwa ngayo idini lobudlelane, nokuba yinkunzi nokuba yimazi, mayingabi nasiphako.

7Xa iyigusha, loo mntu uyinikelayo makeze nayo phambi koNdikhoyo,

8ayibeke isandla entloko, ayinqumlele apho phambi kwesibingelelo. Ababingeleli bothi tshize ngegazi layo macala onke eqonga,

9baze ezi nyama zayo bazinikele kuNdikhoyo: amanqatha, nomsila wonke unqunyulelwe kufuphi nasekuqaleni komqolo, onke amanqatha agqume inyama yangaphakathi,

10izintso namanqatha azo, nomhlehlo oya kususwa kunye nezintso ezo.

11Umbingeleli wozitshisa zonke ezi nyama eqongeni, zibe lidini elinikelwa kuNdikhoyo ngomlilo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

12“Xa ngaba yibhokhwe, loo mntu uyinikelayo makeze nayo phambi
koNdikhoyo,

13ayibeke isandla entloko, ayinqumlele apho ngaphambi kwesibingelelo.
Ababingeleli bothi tshize ngegazi layo kumacala onke eqonga,

14banikele ezi nyama zibe ngumnikelo kuNdikhoyo ngomlilo: amanqatha
enyama yangaphakathi,

15izintso namanqatha azo, umhlehlo oya kususwa kunye nezintso ezo.

16Umbingeleli wozitshisa zonke ezi nyama eqongeni, zibe lidini lomlilo
elivumba lithandekayo kuNdikhoyo. Onke amanqatha ngakaNdikhoyo.

17Makungabikho mSirayeli utya nqatha nagazi. Lo mmiselo mawugcinwe
rhoqo ngamaSirayeli nakwizizukulwana ezizayo.”

Eyonqulo 4

Amadini okungxengxezela iziphoso

1 UNdikhoyo wayalela uMosis ukuba

2makabhekise kumaSirayeli lo mlomo uthi xa kukho bani wonileyo, waphula
imimiselo kaNdikhoyo engenzi ngabom, kufuneka alandele le miyalelo.

3Xa ingumbingeleli othanjisiweyo lowo wenze isono, aze ngokwenjenjalo
azisele abantu ityala, yena uya kunikela ngethole lenkunzi yenkomo
elingenasiphako, enze ngalo idini lokungxengxezela isono sakhe kuNdikhoyo.

4Loo nkunzi uya kuyisa ngasekungeneni kwesibingelelo, ayibeke isandla
entloko, aze ayihlabele apho phambi koNdikhoyo,

5aze ke kwayena athathe igazi layo, angene nalo esibingelelweni.

6Akuba ethe nkxu umnwe egazini, uya kutshiza ngalo kasixhenxe apho
ngaphambi koNdikhoyo nganeno komkhusane wegumbi eliyingcwele
kangcwele,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7andule ukutyikila ngenxalenye yegazi elo iimpondo ezikwiikona zeqonga lesiqhumiso elilapho kwigumbi eliyingcwele, aliphalaze igazi eliseleyo emazantsi eqonga lamadini atshiswayo elisekungeneni kwesibingelelo.

8Wothi ke athathe onke amanqatha enyama yangaphakathi yale nkunzi,

9izintso namanqatha azo, kunye nomhlehlo,

10kanye njengoko enzayo ngamanqatha edini lobudlelane. Loo manqatha uya kuwatshisa kwelaa qonga lamadini atshiswayo.

11Kodwa sona isikhumba nayo yonke inyama, intloko namanqina, nezibilini kwakunye namathumbu, oko kukuthi yonke inyama enganikelwanga kuNdikhoyo,

12uya kuyikhuphela ngaphandle kwelali, azise kulaa ndawo ikhethekileyo apho kulahlwa khona uthuthu, azitshisele apho ngomlilo weenkuni.

13Xa kone ibandla lakwaSirayeli liphela, lize ke libe netyala lokwaphula ummiselo kaNdikhoyo lingaqondanga,

14kuya kuthi nje ukuba sazeke eso sono, kufuneke umzi uze nethole lenkunzi yenkomo yedini lokungxengxeza. Loo nkomo iya kuqhutyelwa esibingelelweni,

15apho ziya kuthi phambi koNdikhoyo iinkokheli zomzi ziyibeke izandla entloko, ize ihlatywe.

16Umbingeleli othanjisiweyo uya kuthatha inxenye yelo gazi, angene nalo ngaphakathi esibingelelweni,

17athi nkxu umnwe kulo, aze atshize ngalo kasixhenxe phambi koNdikhoyo nganeno komkhusane wegumbi eliyingcwele kangcwele.

18Elinye igazi wolityikila kwiimpondo ezikwiikona zeqonga lesiqhumiso elingaphakathi kwegumbi eliyingcwele, aze aliphalaze eliseleyo emazantsi eqonga lamadini atshiswayo elingasekungeneni kwesibingelelo.

19Uya kwandula ke asuse onke amanqatha, awatshise eqongeni apho.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[20]Ngale nkomo uya kwenza kanye ngalaa ndlela adla ngokwenza ngayo ngenkomo yedini lokungxengxezela izono. Yiyo ke le indlela umbingeleli enza ngayo idini lokucamagushela izono zabantu, yaye bozixolelwa.

[21]Andule ke ukuyikhuphela ngaphandle kwelali loo nyama, aye kuyitshisa kanye ngalaa ndlela atshisa ngayo eyokucamagushela ezakhe izono. Lilo ke elo idini lokucamagushela ibandla.

[22]Xa kone umntu oyinkokheli, aphule ummiselo kaNdikhoyo uThixo engaqondanga,

[23]kuya kuthi nje ukuba ayiqonde into ayenzileyo, kufuneke eze nenkunzi yebhokhwe engenasiphako.

[24]Woyibeka isandla entloko, aze ayinqumlele phambi koNdikhoyo kuloo ndawo kwenzelwa kuyo amadini atshisayo. Eli lidini lokucamagushela isono.

[25]Umbingeleli wofaka umnwe egazini lebhokhwe leyo, alityikile kwiimpondo ezisezikoneni zeqonga, aze eliseleyo aliphalaze emazantsi eqonga,

[26]aze awatshisele apho eqongeni onke amanqatha, kanye njengoko esenza ngawamadini obudlelane. Wokwenjenjalo ke umbingeleli ukunikela idini lokucamagushela umntu oyinkokheli, aze axolelwe isono sakhe.

[27]Xa kone umntu nje, abe netyala lokwaphula ummiselo kaNdikhoyo engaqondanga,

[28]kuya kuthi nje ukuba asiqonde isono sakhe, kufuneke eze nemazi yebhokhwe engenasiphako, ukuze angxengxezele isono sakhe.

[29]Woyibeka isandla entloko, aze ayinqumlele apho kuxhelelwa khona amadini atshiswayo.

[30]Umbingeleli wothi nkxu umnwe wakhe egazini layo, alityikile kwiimpondo ezikwiikona zeqonga, aze elinye aliphalaze emazantsi eqonga apho,

[31]andule ke athathe onke amanqatha, kanye ngalaa ndlela enza ngayo kumadini obudlelane, aze awatshise apho eqongeni, abe livumba elimnandi

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

kuNdikhoyo. Wenjenjalo ke umbingeleli ukwenzela umntu idini, aze axolelwe izono zakhe.

32Ukuba kukho umntu ozisa igusha ukuza kwenza idini, mayibe yimazi engenasiphako.

33Woyibeka isandla entloko, aze ayinqumlele apho kuxhelelwa khona izinto zokwenza amadini atshiswayo.

34Umbingeleli wothi nkxu umnwe wakhe kwelo gazi layo, alityikile kwiimpondo ezisezikoneni zeqonga, eliseleyo aliphalaze apho emazantsi eqonga,

35andule athathe onke amanqatha, kanye njengoko esenza kumadini obudlelane, aze awatshise apho eqongeni kunye nokutya okunikelwa kuNdikhoyo ngomlilo. Wenjenjalo ke umbingeleli xa esenzela umntu idini, khon' ukuze loo mntu axolelwe izono zakhe.

Eyonqulo 5

Iimeko zokucanyagushelwa ngamadini

1Xa umntu ebizwe yinkundla ukuba anike ubungqina, aze anganiki nkcazelo ngento ayibonileyo nayivileyo, unetyala.

2Xa umntu echukumise into engàphathwayo, enjengesilo esifileyo, udyobhekile, unetyala, nokuba akaqondi. Ingasisilwanyana sasendle esingatyiwayo, nokuba yimfuyo engatyiwayo, okanye sisilwanyana esirhubuluzayo.

3Xa umntu echukumise into engàphathwayo ephuma komnye umntu, loo mntu naye udyobhekile, unetyala nokuba akaqondi.

4Xa umntu efumana afunge engacinganga, nokuba ufungela nantoni na, unetyala nokuba akaqondi.

5Mayela nale micimbi, akuba umntu eziqondile ukuba wonile, makasivume isiphoso sakhe,

© 1996 Bible Society of South Africa.

6aze eze nemazi yegusha nokuba yeyebhokhwe kuNdikhoyo, enze idini lokungxengxezela ityala lakhe. Umbingeleli wolinikela elo dini ngenxa yeso siphoso.

7Ukuba loo mntu akanako ukunikela ngegusha okanye ibhokhwe, wozisa amahobe amabini kuNdikhoyo, nokuba ngamavukuthu, enze intlawulelo yesono sakhe ngawo. Elinye loba ngumnikelo wokucamagushela isono, elinye libe leledini elitshiswayo.

8Wowasa kumbingeleli. Yena woqala anikele elinye libe ngumnikelo wokucamagushela isono. Wolaphula intamo, angayiqhawuli kambe intloko,

9aze atshize ngenxalenye yegazi lalo apho ecaleni leqonga. Eliseleyo igazi woliphalaza emazantsi eqonga. Lo ngumnikelo wokucamagushela isono.

10Eyesibini intaka woyenza idini elitshiswayo, njengokomyalelo. Wenjenjalo ke umbingeleli ukwenzela umntu idini, aze axolelwe iziphoso.

11Ukuba loo mntu akanako ukunikela nangamahobe amabini, okanye amavukuthu, wozisa ikhilogram yomgubo wengqolowa, enze ngawo umnikelo. Akayi kugalela mafutha omnquma nantlaka yesiqhumiso kuwo, kuba asingomnikelo wakutya lo, koko eli lidini lokucamagushela isono.

12Wowunika umbingeleli, yena athathe kangangesandla, eqondisa ukuba wonke unikelwa kuNdikhoyo, aze ke awutshise apho eqongeni phezu kweminikelo enikelwa kuNikhoyo ngomlilo. Lo ngumnikelo wokucamagushela isono.

13Wokwenjenjalo ke umbingeleli ukwenzela loo mntu idini, aze axolelwe nasiphi na isiphoso esinjengezi sezikhankanyiwe. Umgubo oseleyo woba ngowombingeleli, kanye njengoko kunjalo xa kwenziwa umnikelo wokutya.

Amadini okucamagushela iziphoso

14 UNdikhoyo wanika uMosis le miyalelo:

15Xa umntu one engaqondanga ngokutyeshela iimfanelo zikaNdikhoyo, loo mntu makathathe emhlambini wakhe inkunzi yegusha engenasiphako,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

okanye eyebhokhwe, eze nayo kuNdikhoyo, ibe yintlawulelo. Ixabiso layo loba ngangomlinganiselo ovunyiweyo wesiliva.

16Makahlawule neliya lokutyeshela iimfanelo zikaNdikhoyo, aze ongeze isinye esihlanwini. Ke yena umbingeleli womenzela idini ngenkunzi leyo ngenxa yesono sakhe, aze asixolelwe eso sono.

17Xa umntu one engaqondanga ngokwaphula nayiphi na imimiselo kaNdikhoyo, loo mntu unetyala, yaye uya kuluthwala olo xanduva.

18Kufuneka eze nenkunzi yegusha engenasiphako kumbingeleli, okanye ibhokhwe. Ixabiso layo loba ngangomlinganiselo ovunyiweyo. Umbingeleli wolinikela idini, aze loo mntu axolelwe isiphoso sakhe.

19Eli lidini lokucamagushela ityala leziphoso zokwaphula ummiselo kaNdikhoyo.

Eyonqulo 6

1UNdikhoyo wathi kuMosis:

2“Xa umntu one uNdikhoyo ngokwala ukubuyisela into ebekubanjiswe ngayo kuye ngomnye umSirayeli, okanye xa ebe into yomnye umSirayeli, okanye amqhathe,

3okanye axoke athi akayiboni into yomnye ekuye, ade athi akayazi, atsho efunga, okanye enze nasiphi na esinye isono esifana nezi, kufuneka kwenziwe idini lokungxengxezela elo tyala.

4Xa enze isono esilolo hlobo, kufuneka ayibuyise into ayibileyo, okanye ayifumene ngobuqhetseba, okanye abeyigcinisiwe nayicholeyo,

5nantoni na leyo athe akayazi exoka kufuneka ayivuse, ongeze nomdliwo osisinye esihlanwini, kanye ngalaa mhla eze kunikela ngawo idini lesono.

6Kufuneka ase kumbingeleli inkunzi yegusha nokuba yeyebhokhwe, kodwa ingabi nasiphako, ibe lidini lentlawulo alenze kuNdikhoyo. Ixabiso layo loba ngangomlinganiselo ovunyiweyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Elo dini umbingeleli wolinikela phambi koNdikhoyo, libe lelokungxengxezela isono saloo mntu, aze asixolelwe.”

Amadini atshiswayo

8 UNdikhoyo wathi uMosis

9makagqithisele le miyalelo kuAron noonyana bakhe: Idini elitshiswayo kufuneka litshiswe eqongeni ubusuku bonke, umlilo usoloko ukhwezelwa.

10Umbingeleli ethe wambu umnweba wakhe welinen nebhulukhwe yakhe emfutshane eyenziwe ngelinen, wolususa lonke olo thuthu luphezu kweqonga, aze alubeke apho ngasecaleni leqonga.

11Aze ke ambathe zivatho zimbi, aluthuthele ngaphandle kwelali olo thuthu kwindawo yalo ekhethekileyo.

12Umlilo weqonga wona kufuneka uhlale uvutha, ungaze uyekwe ucime. Mihla le kusasa umbingeleli kufuneka awukhwezele umlilo, abeke idini elitshiswayo, aze atshise namanqatha edini lobudlelane.

13Lo mlilo kufuneka usoloko uvutha apho eqongeni, ungaze uyekwe ucime.

Umnikelo wokutya

14Le miyalelo ilandelayo iphathelele kwiminikelo ekukutya. Ngumbingeleli womlibo ka-Aron oya kwenzela uNdikhoyo iminikelo yokutya phambi kweqonga.

15Uya kuthatha umgubo wengqolowa kangangesandla, namafutha omnquma, athathe nentlaka yesiqhumiso ebekwa phezu kwazo, aze azitshise apho eqongeni, zibe ngumqondiso wokuba konke oko kutya kunikelwa kuNdikhoyo. Ivumba lalo mnikelo liyathandeka kuNdikhoyo.

16-17Okuseleyo koba kokwababingeleli. Makwenziwe isonka sentlama engenagwele, sityelwe endaweni ekhethekileyo apho enkundleni yesibingelelo. Le yinxaxheba uNdikhoyo ayinika ababingeleli kwiminikelo yokutya. Yinxaxheba eyodwa engcwele, efana kanye naleya yamadini okungxengxezela izono neminikelo yentlawulo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

18Iya kutyiwa ngamadoda omlibo ka-Aron njengesabelo sawo sokutya okunikelwa kuNdikhoyo. Omnye umntu ochukumise oku kutya kungumnikelo woba nophawu lukaNdikhoyo, abe semngciphekweni.

19-20Le yinkqubo eya kuhlala ihleli yokumisela umbingeleli womlibo ka-Aron eyanikwa uMosis nguNdikhoyo. Ngalo mhla kanye amiselwa ngawo loo mbingeleli kufuneka anikele kuNdikhoyo ikhilogram ibe nye yomgubo wengqolowa, ube ngumnikelo wokutya. Uya kuba sisiqingatha kusasa, ube sisiqingatha nangokuhlwa.

21Kufuneka udityaniswe namafutha, uze ugcadwe, ugraywe, uze unikelwe. Ivumba lawo liyathandeka kuNdikhoyo.

22Lo mnikelo kufuneka wenziwe ngumbingeleli ngamnye othanjiswayo womlibo ka-Aron. Uya kutshiswa tu, ube lidini elihlala lisenzelwa uNdikhoyo.

23Akuyi kutyiwa nto kukutya okunikelwa ngumbingeleli; makutshiswe konke.

Amadini okungxengxezela isono

24 UNdikhoyo wathi uMosis

25makagqithisele le nkqubo ephathelele ekwenzeni amadini okungxengxezela isono kuAron noonyana bakhe: Loo nto yokwenza idini iya kuxhelelwa phambi koNdikhoyo apho kuxhelelwa khona izinto zokwenza amadini atshiswayo. Eli dini lelikaNdikhoyo lilonke.

26Loo mbingeleli wenza elo dini wolityela kwindawo ekhethekileyo enkundleni yesibingelelo sikaNdikhoyo.

27Nantoni na echukumise oku kutya yoba nophawu lukaNdikhoyo. Xa isinxibo sitshizwe ligazi laloo nto ixheliweyo, kufuneka sihlanjelwe endaweni ekhethekileyo.

28Imbiza yodongwe ekuphekwe loo nyama ngayo, kufuneka iqhekezwe; xa iyimbiza yesinyithi kufuneka ikrwelwe, ihlanjwe ngamanzi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[29]Nawuphi na umntu oyindoda ongowomlibo wezindlu zababingeleli angayitya loo nyama. Le yinyama eyodwa.

[30]Kodwa xa igazi liziswe esibingelelweni, laza lasetyenziswa ukungxengxezela izono egumbini eliyingcwele, loo nyama mayingatyiwa, mayitshiswe yonke.

Eyonqulo 7

Amadini entlawulo

[1]Le yinkqubo ephathelele kumadini awodwa entlawulo:

[2]Ixhoba lokwenza eli dini kufuneka lixhelelwe apho kuxhelelwa khona amadini atshiswayo. Igazi lalo malitshizwe kumacala onke eqonga.

[3]Onke amanqatha makakhutshwe abekwe eqongeni: umsila, namanqatha enyama yangaphakathi,

[4]izintso kunye namanqatha azo, kwakunye nomhlehlo.

[5]Onke loo manqatha umbingeleli makawatshise enzele ngawo uNdikhoyo umnikelo ngomlilo. Eli ke lidini lokwenza intlawulo.

[6]Nayiphi na indoda ephuma kumlibo wababingeleli ingayitya loo nyama. Kodwa kufuneka ityelwe kulaa ndawo ikhethekileyo, kuba kwayona ikhethekile.

[7]Inye inkqubo ephathelele kumadini esono nakumadini entlawulo. Loo nyama iba yeyombingeleli owenza idini.

[8]Kwanalo ufele lwento yedini elitshiswayo luba lolwaloo mbingeleli wenza idini.

[9]Wonke umnikelo wento eziinkozo ebhakiweyo okanye eyenziwe ngepani, okanye egcadiweyo, uba ngowombingeleli lowo ubewunikela.

[10]Umnikelo wokutya, nokuba uxutywe namafutha, nokuba womile, woba ngowababingeleli bebonke, yaye ke mabahlulelane ngako ngokulinganayo.

Amadini obudlelane

[11]Nantsi inkqubo ephathelele kumadini obudlelane enzelwa uNdikhoyo:

© 1996 Bible Society of South Africa.

12Xa umntu esenza idini lobudlelane ebulela, makeze naloo nto iza kuxhelwa kwakunye nesonka esingenagwele, nokuba sisonka esiqatywe amafutha omnquma, okanye amaqebengwana aqatywe amafutha omnquma, kungenjalo amaqebengwana enziwe ngomgubo oxutywe namafutha omnquma.

13Kweli dini lobudlelane, elikwalidini lokubulela, kufuneka ongezelele ngezonka ezinegwele.

14Makanikele ngodidi ngalunye kwezi zonka, azenze umnikelo kuNdikhoyo. Zoba zezombingeleli othe watshiza iqonga ngegazi lamadini obudlelane.

15Inyama yedini lobudlelane kufuneka ityiwe kwangaloo mini inikelwa ngayo; makungabikho nyama isalayo kude kube ngengomso.

16Xa umntu enikela idini lobudlelane, egcina isithembiso awasenzayo, okanye ethanda nje ukwenza umnikelo, leyo ke yona inyama akunyanzelekanga ukuba ityiwe iphele ngamini-nye, kodwa eseleyo ingátyiwa ngengomso.

17Inyama esekhoyo ngosuku lwesithathu kufuneka itshiswe yona.

18Ukuba ityiwe loo nyama ngosuku lwesithathu, uThixo akayi kulamkela elo dini laloo mntu, kuba lisuke lanomlaza. Nabani na ke oya kuthi alitye uya kuluthwala uxanduva lwakhe.

19Xa inyama yedini ithe yadibana nantoni na enomlaza, kufuneka itshiswe ingàtyiwa. Wonke ubani ongenamlaza angayitya inyama yedini elo.

20Kodwa xa ithe yatyiwa nangumntu onomlaza, lowo makasikwe phakathi kosapho lukaNdikhoyo.

21Kanti xa umntu athe waphatha into enomlaza, nokuba ngumntu, nokuba sisilwanyana esingatyiwayo, nantoni na enezothe, aze asuke aye kutya idini lobudlelane likaNdikhoyo, loo mntu makasikwe ebantwini bakaNdikhoyo.

22Ubuye uThixo wanika uMosis le miyalelo

23amakayigqithisele kumaSirayeli: Akukho manqatha ankomo nagusha nabhokhwe aya kutyiwa mntu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

24Amanqatha ento efileyo, okanye ebulewe ngamarhamncwa, makangatyiwa.
Kambe ke angásetyenziswa ekwenzeni ezinye izinto.

25Wonke umntu othe watya amanqatha ento ekwenziwa ngayo idini
kuNdikhoyo ngomlilo makasikwe kumaSirayeli.

26Naphi na apho emi khona amaSirayeli makangaze alitye igazi, nokuba
leleentaka, nokuba lelezilwanyana.

27Nabani na olityayo igazi makasikwe kumaSirayeli.

28Uphindile wathi uNdikhoyo uMosis

29makagqithisele nale mimiselo kumaSirayeli: Umntu owenza idini
lobudlelane makakhuphe isabelo esithile, asinikele kuNdikhoyo,

30eze naso ngokwakhe, sibe ngumnikelo kuNdikhoyo ngomlilo. Makeze
namanqatha aso kunye nencum, aziwanga-wangise zibe ngumnikelo owanga-
wangiselwa uNdikhoyo.

31Loo manqatha umbingeleli wowatshisa apho eqongeni, kodwa yona incum
yeyababingeleli.

32-33Umlenze wasekunene wona woba yinxaxheba yombingeleli obenikela
igazi kunye namanqatha elo dini lobudlelane.

34Incum ewanga-wangisiweyo nalo mlenze wasekunene yinxaxheba
emayikhutshelwe ababingeleli ngamaSirayeli ngalo lonke ixesha.

35Le yinxaxheba kaNdikhoyo eyaxhanyulwa nguAron nangoonyana bakhe
mhla bamiselwa ebubingelelini.

36Ngaloo mini yokuthanjiswa kwababingeleli uNdikhoyo wathi amaSirayeli
makakhuphe eso sabelo sedini sibe yinxaxheba yabo. Lo ngummiselo
omawuhlale uhleli.

37Nantso ke imiyalelo yaxa kusenziwa amadini atshiswayo, nawokutya,
nawokungxengxezela izono, kunye nawentlawulo, amadini okumisela
ababingeleli, kwakunye nawobudlelane.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

38Kwakusentabeni iSinayi entlango ngamhla uNdikhoyo wayinika uMosis le miyalelo yokwenziwa kwamadini ngamaSirayeli.

Eyonqulo 8

Ukumiselwa kuka-Aron noonyana bakhe
(Mfud 29:1-37)

1 UNdikhoyo wathi kuMosis:

2-3“Yiya noAron kunye noonyana bakhe ekungeneni kwesibingelelo, uphathe nezivatho zababingeleli, kunye namafutha okuthambisa, nenkunzi yenkomo yedini lokungxengxezela izono, iinkunzi ezimbini zeegusha, kunye nebhaskiti enezonka ezingenagwele. Uze ke ubize umzi wakwaSirayeli uphela.”

4UMosis wenza njengoko wayeyalelwe nguNdikhoyo, waza wenjenje ukuthetha ebhekisa kwelo bandla elalithe nqwadalala ekungeneni kwesibingelelo:

5“Le nto ndiza kuyenza ngoku yinto endiyithunywe nguNdikhoyo.”

6UMosis wathi uAron noonyana bakhe mabasondele, waza wabahlamba ngamanzi.

7Unxibe uAron ihempe, wamthi wambu ngomnweba, wamfaka umxwayo, waza wamfaka isidanga, wasiqhobosha esinqeni ngebhanti esontwe ngobunono.

8Kweso sidanga sisesifubeni wafaka iiurim neethumim.

9Umthwalise iqhiya entloko, waza kuyo waqhoboshela isihombiso esenziwe ngegolide, esiluphawu lokwahlulelwa uNdikhoyo. Wenza kanye njengoko wayeyalelwe nguNdikhoyo uMosis.

10UMosis uthathe amafutha, wathambisa isibingelelo nazo zonke izinto ezingaphakathi kwaso, waza ngokwenjenjalo wazahlulela uThixo.

11Ufefe iqonga kasixhenxe ngamafutha aseleyo, kunye nempahla yalo yonke, nesitya sokuhlambela, kwanamazantsi aso, zonke ezo zinto ezahlulela uThixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

12Waza wammisela uAron, emahlulela uNdikhoyo, ngokumgalela inxenye yamafutha entloko.

13Emva koko uMosis uthathe oonyana baka-Aron, wabanxiba iihempe, wabafaka imixwayo, wabathwesa iminqwazi, njengoko wayeyalelwe nguNdikhoyo.

14UMosis usondeze inkunzi yedini lokucamagushela, waza uAron noonyana bakhe bayibeka izandla entloko.

15Uyihlabile uMosis, waza wathi nkxu umnwe wakhe egazini layo, walityikila kwiimpondo zone zeekona zeqonga, waba ulahlulela uNdikhoyo ngokwenjenjalo. Eliseleyo ke igazi uliphalaze emazantsi eqonga. Waba ke ngoko uyalihlambulula iqonga.

16Wawathatha onke amanqatha ezibilini uMosis, kunye nomhlehlo, kwakunye nezintso namanqatha azo, wawatshisa apho eqongeni lamadini.

17Uyithathe yonke loo nyama yaloo nkomo ndawonye nesikhumba namathumbu waya kuzitshisa ngaphandle kwelali njengokutsho kukaNdikhoyo.

18Emva koko uMosis usondeze inkunzi yegusha yedini elitshiswayo, baza uAron noonyana bakhe bayibeka izandla entloko.

19Uyinqumle uMosis, waza igazi waliphosa kumacala onke eqonga.

20-21Wayihlahla loo gusha, waza wahlamba izibilini nemilenze. Intloko yona, kunye namanqatha, kunye nayo yonke loo nyama, wazitshisa apho eqongeni, kanye njengoko kwatsho uNdikhoyo. Eli lidini elitshiswayo, idini elenzelwa uNdikhoyo ngomlilo. Ivumba lalo liyolile kuNdikhoyo.

22Uze neyesibini inkunzi yegusha uMosis; le yona yayiyeyedini lokumiselwa kwababingeleli, waza uAron noonyana bakhe bayibeka izandla entloko.

23Wayinqumla uMosis, waza wathatha intwana yegazi, watyikila ngalo indlebe yokunene ka-Aron, nosithupha wesandla sokunene, nobhontsi wonyawo lokunene.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

24Ngoku uMosis usondeze oonyana baka-Aron, nabo wabadyobha igazi iindlebe zasekunene, oosithupha basekunene, noobhontsi beenyawo zasekunene. Waza eliseleyo igazi waliphalaza kumacala onke eqonga.

25UMosis uthathe amanqatha, nomsila, namanqatha ezibilini, umhlehlo, nezintso namanqatha azo, kunye nomlenze wasekunene.

26Emva koko uthathe isonka sasinye esingenagwele kulaa bhaskiti iphambi koNdikhoyo, wathatha nesonka esenziwe ngamafutha, neqebengwana lalinye, waza wazibeka ngaphezu kwamanqatha nomlenze.

27Uzithathe zonke, wazinika uAron noonyana bakhe, bona baziwanga-wangisa phambi koNdikhoyo zangumnikelo.

28Uphinde wazithatha kubo uMosis, wazitshisa apho eqongeni, ngaphezu kwelaa dini litshiswayo, zalidini lokumisela. Lo ngumnikelo owenziwa ngomlilo, ovumba lithandekayo kuNdikhoyo.

29UMosis uthathe incum wayiwanga-wangisa yangumnikelo kuNdikhoyo. Le yayiyinxaxheba kaMosis yedini lomiselo lwababingeleli. UMosis wenza kanye njengoko wayeyalelwe nguNdikhoyo.

30UMosis uthathe inxalenye yamafutha okuthambisa, nenxalenye yegazi elaliseqongeni, watshiza uAron noonyana bakhe kwankqu nezivatho zabo. Wenjenjalo ukubahlulela uNdikhoyo kwanezambatho zabo nazo.

31Uthe uMosis kuAron noonyana bakhe: “Le nyama yiseni ekungeneni kwesibingelelo, nize niyipheke apho, niyitye nesiya sonka sisebhaskitini yamadini okumisela ababingeleli, ngokomyalelo kaNdikhoyo.

32Ze niyitshise yonke inyama eseleyo nesonka esiseleyo.

33Ze ningemki apho ekungeneni kwesibingelelo kude kube ziintsuku ezisixhenxe, ude ube ke udlule umsitho wokumiselwa kwenu.

34UNdikhoyo usiyalele ukuba senze le nto siyenzileyo namhlanje kuni ukususa isono senu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

35Ze nihlale ke phaya ekungeneni kwesibingelelo ubusuku nemini, kude kube
ziintsuku ezisixhenxe, nithobela umyalelo kaNdikhoyo. Niya kufa ukuba
aniyenzi loo nto. Yinto ethethwe nguNdikhoyo leyo ke kum."

36UAron noonyana bakhe ke bênza njengoko uNdikhoyo wayeyalele uMosis.

Eyonqulo 9

UAron wenza amadini

1Ngomhla wesibhozo emva komsitho womiselo lwababingeleli uMosis wabiza
uAron kunye noonyana bakhe, kwakunye namadoda amakhulu akwaSirayeli,

2wathi kuAron: "Thatha inkunzana yenkomo kunye nenkunzi yegusha
ezingenasiphako, wenzele ngazo uNdikhoyo idini, inkunzi yenkomo ibe lidini
lokucamagushela isono, ize eyegusha yona ibe lidini elitshiswayo.

3Yitsho amaSirayeli eze nenkunzi yebhokhwe ibe lidini lokucamagusha,
nethole elinonyaka, netakane elinonyaka, zingabi nasiphako, zona zibe
ngamadini atshiswayo,

4kwakunye nenkomo nenkunzi yegusha, zona zibe ngamadini obudlelane.
Kufuneka kwenziwe amadini ngazo, kwakunye nokutya okuxutywe
namafutha. Kufuneka niyenze le nto, kuba kaloku uNdikhoyo uza kunivelela
namhlanje."

5Zeziswa zonke ezo zinto wayethe maziziswe uMosis ngaphambili
kwesibingelelo, laza lonke ibandla lakwaSirayeli lee thande apho phambi
koNdikhoyo.

6Wabhekisa ebantwini uMosis, wathi: "NguNdikhoyo lo uthe makwenziwe le
nquleqhu yonke, khon' ukuze kutyhileke kuni ukubengezela kwesihomo
sakhe."

7Wandula ke uMosis ukuthi kuAron: "Yiz' aph' eqongeni lamadini, wenze
idini lokucamagushela isono, kunye nedini elitshiswayo, ngenxa yezono
zakho kunye nezabantu. Le nto yenze ngokomyalelo kaNdikhoyo."

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8UAron waya eqongeni, wafika walixhela ithole lenkomo elalilidini lokucamagushela izono zakhe.

9Oonyana bakhe bazisa igazi kuye, waza uAron wathi nkxu kulo umnwe, waza watyikila ngalo iimpondo ezikwiikona zone zeqonga. Eliseleyo waliphalaza emazantsi eqonga.

10Amanqatha nezintso nomhlehlo wedini lesono wazitshisa apho eqongeni ngokomyalelo kaNdikhoyo kuMosis.

11Kodwa yona inyama nofele wazitshisela ngaphandle kwelali.

12UAron ubuye waxhela into yokuzenzela idini elitshiswayo. Beze negazi layo kuye oonyana bakhe, waza wafefa ngalo kumacala onke eqonga.

13Bamnika intloko kunye nezinye iinyama, waza wazitshisa apho eqongeni.

14Emva koko uthathe izibilini nemilenze, wazihlamba, waza wazitshisa apho eqongeni ngaphezu kwelaa dini litshiswayo.

15Akugqiba unikele idini labantu. Uxhele laa bhokhwe yokucamagushela izono zesizwe, wayinikela njengoko enzile ngokuya ebenikela idini lezakhe izono.

16Ubuye walisondeza ngokusesikweni kwanalo idini elitshiswayo.

17Usondeze nomnikelo wokutya, wathatha kangangesandla kuwo, wawutshisa apho eqongeni. Yonke le nquleqhu yongeza kumadini atshiswa kusasa.

18Waxhela inkomo nenkunzi yegusha, wenzela ngazo abantu amadini obudlelane. Oonyana bakhe bamzisela igazi, watshiza ngalo kumacala onke eqonga.

19Uthathe amanqatha aloo nkomo naloo gusha uAron, – umsila, namanqatha, namanqatha ezintso, nomhlehlo –

20wawabeka phezu kweencum zazo, waza yonke loo nto wayisa eqongeni. Amanqatha uwatshisele apho eqongeni,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21waza iincum zona kunye nemilenze yasekunene waziwanga-wangisa phambi koNdikhoyo ngokomnikelo, kanye njengoko ebetshilo uMosis.

22Uthe uAron akugqiba ukwenza onke loo madini, waphakamisela izandla zakhe ngasebantwini ebasikelela, waza wasuka eqongeni.

23Ubuye waya kungena esibingelelweni kunye noMosis, baza bathi bakuba bebuye baphuma, basikelela abantu. Suka kwatyhileka kubantu bonke ukubengezela kwesihomo sikaNdikhoyo.

24Suka kwaphuma umlilo kuNdikhoyo, watshisa elo dini naloo manqatha ebephezu kweqonga. Bathi bakuyibona loo nto abantu, baduma bonke, bee qubudu bawa ngobuso.

Eyonqulo 10

Isono sikaNadabhi noAbhihu

1UNadabhi noAbhihu, oonyana baka-Aron, elowo wathatha umcephe wakhe wamalahle, wagalela amalahle, wafaka nentlaka yesiqhumiso, bazisa phambi koNdikhoyo. Kambe ke loo mlilo wabo wawunxamnye nomyalelo kaNdikhoyo.

2Kusuke kwaphuma umlilo kuNdikhoyo owabatshisela khona apho, bafela apho phambi koNdikhoyo.

3UMosis ke uthe kuAron: “Nantso ke into eyayixelwa nguNdikhoyo ngokuya wayesithi: ‘Kufuneka bandihlonele bonke abasondelayo kum; abantu bam ndobabonisa isihomo nesithozela sam.’ ” Yena uAron wasuka wathula tu.

4UMosis ubize uMishayeli kunye noElizafan, oonyana bakaUziyeli, uyisekazi ka-Aron, wathi kubo mabaye kuthatha imizimba yabantakwabo, bayisuse phambi kwesibingelelo, bayikhuphele ngaphandle kwelali.

5Baya kuzithatha ezo zidumbu, bazithwala bezibambe ngezambatho, bazisa ngaphandle kwelali njengoko wayetshilo kubo uMosis.

6UMosis ubhekise kuAron nakoonyana bakhe uElazare noItamare, wathi: “Musani ukubazilela aba bangasekhoyo. Musani ukuziyeka iinwele zenu

© 1996 Bible Society of South Africa.

zingachazwanga, ningazikrazuli nezambatho zenu hleze nife, abe ke uNdikhoyo angaliqumbela ibandla liphela. Kambe ke onke amanye amaSirayeli wona angayizilela le ntlekele yokufa kwaba bantu ngomlilo othunyelwe nguNdikhoyo.

7Maze nina ningasuki esangweni lesibingelelo, hleze nife, kuba nâhlulelwa uNdikhoyo ngokuthanjiswa.” Benjenjalo ke.

Imimiselo elawula ababingeleli

8 UNdikhoyo wabhekisa kuAron, wathi:

9“Wena noonyana bakho nize ningangeni esibingelelweni xa benisele. Niya kufa ukuba niyenzile loo nto. Lo mthetho uze uthotyelwe nazizizukulwana.

10Nize nicalule phakathi kwento eyahlulelwe uThixo nento engahlulelwanga yena, naphakathi kwento enomlaza nento engenamlaza.

11AmaSirayeli ze niwafundise yonke imimiselo endaninika yona ngoMosis.”

12UMosis wabhekisa kuAron nakoonyana bakhe abaseleyo, uElazare noItamare, wathi: “Ukutya okuseleyo kumnikelo obusenzelwa uNdikhoyo ze nikuthathe nenze izonka ezinganyuswanga, nizityele phaya ngaseqongeni. Kaloku lo ngumnikelo ongcwele.

13Nize nizityele endaweni ekhethekileyo; sisabelo senu eso esithathwa kwiminikelo eyenzelwa uNdikhoyo ngomlilo. Loo nto yathethwa kum nguNdikhoyo.

14Nina noonyana neentombi zenu ningayitya incum ewanga-wangisiweyo kwanomlenze onikelwe kuThixo. Ningazityela naphi na apho kungekho mlaza. Esi sabelo siyinxaxheba yenu kunye nabantwana benu evela kumadini obudlelane anikelwa ngamaSirayeli kuNdikhoyo.

15Kufuneka le ncum nalo mlenze beze nazo kanye ngexesha kusondezwa iminikelo yamanqatha eyenzelwa uNdikhoyo ngomlilo. Ezi nyama ziya kusoloko zisisabelo senu, kunye nabantwana benu, njengoko etshilo uNdikhoyo. ”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16UMosis watsho ebuza ukuba iye ngaphi na ibhokhwe yedini lokucamagushela isono. Waxelelwa ukuba nayo selitshisiwe. Loo nto yamcaphukisa,

17watsho wathi kuElazare noItamare: “Kutheni ningayityelanga kule ndawo ikhethekileyo nje inyama yedini lokucamagusha? Kaloku yinyama engaphumiyo; niyinikwa nguNdikhoyo ukuze nicamagushele ibandla.

18Kaloku igazi layo lingangeniswanga nje esibingelelweni phakathi, bekufuneka niyityele endaweni ekhethekileyo, njengoko bendiniyalele.”

19UAron waphendula wathi: “Kaloku namhlanje sizise idini lokucamagushela izono kunye nelethu elitshiswayo. Kambe ke uyayiqonda le ntlekele ihlileyo namhlanje! Xa besiyityile ke namhlanje inyama yeli dini ibingamkholisa njani uNdikhoyo loo nto?”

20UMosis akuyiva loo nto waxola.

Eyonqulo 11

Inyama enokutyiwa nemayingatyiwa

(Hlaz 14:3-21)

1 UNdikhoyo wanika uMosis noAron le miyalelo,

2-3ukuba bayigqithisele kumaSirayeli: “Kuzo zonke izilwanyana ezihamba emhlabeni zingátyiwa ezineempuphu ezicandekileyo kananjalo zisetyisa.

4-6Kodwa zona iinkamela, neembila, nemivundla, mazingatyiwa. Ewe kambe ziyetyisa, kodwa iimpuphu zazo azicandekanga.

7Inyama yehagu mayingatyiwa. Kaloku ihagu ineempuphu ezicandekileyo, kodwa ayetyisi.

8Inyama yezinto ezinjalo maningayityi, ningazichukumisi naxa zifileyo, kuba zinomlaza.”

9Kwezasemanzini ningazitya zonke iintlanzi ezinamaphiko okugwedla namaxolo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Kodwa ke nantoni na engenamaphiko namaxolo ehlala emanzini ze ningayityi.

11Ezinjalo azityiwa; musani ukuzichukumisa naxa zifile.

12Nayiphi na into esemanzini engenamaphiko namaxolo inezothe.

13-19Mazingatyiwa ezi ntlobo zeentaka: oomakhozi, oozikhova, oontloyiya, oozilwangangubo, oozintsikizi, oomaxhalanga, oonomyayi, oozinciniba, ookhwalimanzi, oozingwamza, oozintambanane, oozingcwangube, oomangaba-ngaba, oobhobhoyi, oomalulwane.

20Zonke izinambuzane ezizitho zine eziphaphayo azityiwa,

21ngaphandle kwezo zitaka-takayo.

22Ezinjengeenkumbi, nootseki-tselu, nomqhathu, ziyatyiwa zona.

23Kodwa zonke ezinye izinambuzane eziphaphayo, ezirhoqozayo, azityiwa.

24-28Umntu ochukumise ezi zinto xa zifile woba nomlaza kude kutshone ilanga: iinyamakazi ezineempuphu, ngaphandle kwezo zineempuphu ezicandekileyo, zetyisayo nokwetyisa, kunye nezo zizitho zine zinamathupha. Umntu othe waphatha ezi zinto xa zifile, makahlambe impahla, kodwa woba nomlaza kude kube kutshone ilanga.

29-30Kwezirhubuluzayo nazi ezingatyiwayo: iintuku, amabuzi, iimpuku, oomacikilishe, ooxam, noomalovane.

31Umntu othe waziphatha nokuba zifile, woba nomlaza kude kutshone ilanga.

32Xa kukho into ethe yawelwa zezo zinto xa zifile, yoba nomlaza nayo. Ndithetha nkqu nezinto ezenziwe ngamaplanga, ngamalaphu, ngethwathwa, okanye ngerhonya, nokuba isetyenziselwa ntoni na loo nto; kufuneka ifakwe emanzini, kodwa liya kude litshone ilanga ingekahlambuluki.

33Ukuba into efileyo kwezi iwela engqayini, yonke into engaphakathi kuloo ngqayi ayinakutyiwa. Yona ingqayi kufuneka iqhekezwe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

34Ukutya okugalelwe amanzi akule ngqayi makungatyiwa – kumdaka. Naloo nto iselwayo ibikuloo ngqayi nayo isuka isuleleke.

35Nantoni na ekuwele kuyo into efileyo kwezi zibaliweyo iba nomlaza; isitovu sodaka, nokuba yimbiza, maziqhekezwe.

36Kambe wona umthombo nequla azisuleleki xa ziwelwe zezi zinto. Ke yena umntu ozichukumisayo uba nomlaza.

37Imbewu eza kulinywa ayisuleleki, nokuba idibene nento efileyo kwezi zixeliweyo.

38Kodwa xa loo mbewu ifakwe emanzini iyasuleleka kukudibana nento efileyo.

39Xa kufe isilwanyana esityiwayo, umntu osichukumisileyo uba nomlaza kude kutshone ilanga.

40Nomntu otye inyama yaso, nokuba uyihlambile impahla yakhe, uba nomlaza kude kutshone ilanga. Umntu othe wasithwala sifile isilwanyana kufuneka ayihlambe impahla yakhe, kodwa uba nomlaza kude kutshone ilanga

41-42Zonke izinambuzane ezirhubuluzayo, nezirhoqozayo, nezinemilenze emine nangaphezulu, zinezothe; mazingatyiwa.

43Ze ningazifaki umlaza ngokutya ezo zinto.

44Mna ndinguNdikhoyo uThixo wenu. Yibani ngcwele, kuba mna ndingcwele. Musani ukuzifaka umlaza nangasiphi na isidalwa esirhubuluzayo emhlabeni.

45NdinguNdikhoyo owanikhupha eJiputa ukuze ndibe nguThixo wenu. Yibani ngcwele, kuba mna ndingcwele.

46Nango ke umyalelo ophathelele kwizilwanyana, neentaka, nento yonke ehlala emanzini, nezinambuzane.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

47Kufuneka nicalule phakathi kwento ehlambulukileyo nenomlaza, nezinto
ezityiwayo nezingàtyiwayo.

Eyonqulo 12

Ukuhlanjululwa kwamakhosikazi emva kokubeleka

1 UNdikhoyo wanika uMosis le miyalelo

2ukuba ayigqithisele kumaSirayeli: Umdlezana emva kokubeleka inkwenkwe
woba nomlaza iintsuku ezisixhenxe, kanye njengoko aba njalo xa esexesheni.

3Ngosuku lwesibhozo usana olo kufuneka lwaluswe.

4Kodlula amashumi amathathu anantathu eentsuku ngaphambi kokuba loo
mdlezane ahlambuluke ekopheni. Kufuneka angaphathi nanye into
eyahlulelwe uThixo, angasondeli nokusondela esibingelelweni kude kuphele
ixesha lokuhlanjululwa kwakhe.

5Umdlezana emva kokubeleka intombazana woba nomlaza iintsuku
ezilishumi elinane, kanye njengoko aba njalo xa esexesheni. Kodlula
amashumi amathandathu anantandathu eentsuku ngaphambi kokuba
ahlambuluke ekopheni.

6Lakufika ixesha lokuhlanjululwa kwakhe, nokuba ebebeleke inkwenkwe
okanye intombazana, kufuneka ase itakane elinonyaka kumbingeleli
ekungeneni kwesibingelelo, eliza kuba lidini elitshiswayo, kunye nevukuthu
okanye ihobe lokwenza idini lokucamagushela isono.

7Umbingeleli wolinikela idini elo kuNdikhoyo, aze loo mdlezane ahlambuluke
ekopheni. Nantso ke into emayenziwe ngumdlezana, nokuba ubeleke
inkwenkwe okanye intombi.

8Ukuba loo mdlezana akanako ukuzisa itakane, makeze namahobe amabini
okanye amavukuthu amabini. Elinye loba leledini elitshiswayo, elinye libe
lelokucamagushela isono. Ngokwenjenjalo umbingeleli uya kumcamagushela,
aze loo mdlezana ahlambuluke.

Eyonqulo 13

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Izigulo zolusu nenkqubo ephathelelene nazo

1Nantsi inkqubo eyanikwa uMosis nguNdikhoyo:

2Xa kukho umntu onesilonda, nokuba lithumba, nokuba kukujaduka okungahle kube sisifo solusu esosulelayo, loo mntu kufuneka asiwe kumbingeleli womlibo ka-Aron.

3Wosixilonga eso silonda umbingeleli. Ukuba ke ubhaqe uboya sebujike bamhlophe, ukanti nesilonda eso ukubhidla kwaso kube nzulu kunolusu olungaphandle, eso silonda ke senziwa sisifo esosulelayo, iqhenqa. Umbingeleli ke uya kwazisa ukuba loo mntu unomlaza.

4Ukanti ke ukuba eso sisilonda nje, saye singenzulu kunolusu, noboya bungajikanga baba mhlophe, umbingeleli womgcina bucala loo mntu iintsuku zibe sixhenxe angadibani nabanye.

5Wophinda amxilonge emva kwezo ntsuku, kuthi ke xa umbingeleli ebona ukuba eso silonda asibhidlanga, sisenjengakuqala, aphinde amgcine bucala kwaesinye isixhenxe seentsuku.

6Wobuya amxilonge umbingeleli kwakhona emva koko, kuthi ke ukuba eso silonda sirhawukile endaweni yokubhidla, azise ke ukuba loo mntu akanamlaza, uhlambulukile. Loo mntu ke kufuneka ahlambe impahla yakhe, ukuze angabi namlaza.

7Kodwa ukuba emva koko isilonda sithe sabhidla, kufuneka aye kwakumbingeleli loo mntu kwakhona.

8Wophinda amxilonge umbingeleli, kuthi ukuba eso silonda siyabhidla, umbingeleli azise ukuba loo mntu unomlaza, unesifo esosulelayo, iqhenqa.

9Xa kukho umntu onesifo solusu esosulelayo, kufuneka asiwe kumbingeleli

10oya kuthi amxilonge. Xa eso silonda saloo mntu sivuthiwe, sinobubovu, sijike noboya baba mhlophe,

© 1996 Bible Society of South Africa.

[11]loo mntu unesifo esibi solusu. Uya kuthi ke umbingeleli azise ukuba lowo unomlaza. Onjalo akayi kuba saba phantsi komgqaliselo, kuba kwaziwa phandle ukuba unomlaza.

[12]Xa eso sifo solusu sinwenwe sada sathi gqume wonke umzimba,

[13]umbingeleli kufuneka amxilonge lowo. Xa ebona ukuba isifo simthe gqume wonke umzimba, uya kuvakalisa ebantwini ukuba loo mntu akasenawo umlaza ngoku. Ukuba ulusu lwakhe luthe lwajika lwamhlophe, loo mntu uhlambulukile.

[14]Kodwa ukuba kuthe kwavela isilonda, usuka kwangoko abe nomlaza.

[15]Kufuneka aphinde umbingeleli amxilonge, aze athi akufumana isilonda, azise ukuba loo mntu ubuye wanomlaza. Isilonda sixela isifo solusu esosulelayo; umntu onaso ke unomlaza.

[16]Xa sibuye saphola ke isilonda eso, lwaba mhlophe ulusu, loo mntu kufuneka aye kumbingeleli.

[17]Umbingeleli uphinda amxilonge. Ukuba ke isilonda eso sikhe samhlophe, umlaza uphelile, umbingeleli kufuneka ukuba azise ukuba loo mntu uhlambulukile.

[18]Xa kukho umntu obe nethumba, laza laphila,

[19]kuze kuthi kamva kubekho indawo emhlophe ethe fuku, okanye kuvele indawo ebubomvu-bumhlophe kulaa ndawo ibe inethumba, loo mntu kufuneka aye kumbingeleli.

[20]Umbingeleli womxilonga, kuthi ke ukuba loo ndawo idumbileyo inzulu kunolusu lwangaphandle, noboya bujike baba mhlophe, kufuneke ke ukuba umbingeleli azise ukuba loo mntu unomlaza. Laa nto iqale ngethumba sisifo solusu esosulelayo.

[21]Kodwa xa athe umbingeleli wabona ukuba kuloo ndawo idumbileyo abujikanga baba mhlophe uboya, yaye ayinzulu kugqitha ulusu

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

lwangaphandle, yaye irhawukile, womgcina bucala loo mntu iintsuku zibe sixhenxe.

22Ukuba loo ndawo ithe yabhidla, umbingeleli wokwazisa ukuba loo mntu unomlaza, kuba unesifo esosulelayo.

23Kodwa ukuba loo ndawo ihlala injengoko ibinjalo, ingabhidli nokubhidla, isisiva nje sethumba, uya kwazisa ukuba loo mntu akanamlaza, uhlambulukile.

24Xa umntu ebetshile, size isilonda sivuthwe sibe nobubovu, singarhawuki,

25kufuneka loo mntu axilongwe ngumbingeleli. Ukuba kufumaneka ukuba uboya bumhlophe, yaye nesilonda sibhidle saba nzulu kunolusu lwangaphandle, loo nto ivele ngokutsha, sisifo esosulelayo solusu. Makazise umbingeleli ukuba loo mntu unomlaza.

26Kambe ke xa uboya bungajikanga baba mhlophe, nesilonda singenzulu kunolusu lwangaphandle, yaye sirhawukile, loo mntu makagcinwe bucala iintsuku zibe sixhenxe.

27Ngomhla wesixhenxe umbingeleli wobuya amxilonge, kuthi ke ukuba siyabhidla isilonda, kube ke loo mntu uneso sifo solusu soyikekayo, aze ke umbingeleli azise ukuba loo mntu unesifo esibangela umlaza.

28Kodwa ukuba eso silonda asibhidlanga, sihleli sinjengoko besinjalo, yaye sirhawukile, ayisiso ke isifo solusu esosulelayo. Umbingeleli uya kwazisa ukuba loo mntu akanamlaza; into anayo sisilonda nje esenziwe kukutsha.

29Ukuba kukho indoda nokuba ngumfazi othe wanesilonda entloko okanye esilevini,

30eso silonda masixilongwe ngumbingeleli. Ukuba eso silonda sinzulu kunolusu lwangaphandle, yaye noboya bujike baba mhlophe-bumthubi, eso silonda sibangwa sisifo solusu esosulelayo. Loo mntu ke kuya kwaziswa ukuba unomlaza.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

31Xa kuthe akuxilongwa kwafunyanwa isilonda eso singenzulu kunolusu lwangaphandle, kodwa bona uboya bube bujikile ibala, kuya kufuneka agcinwe bucala iintsuku zibe sixhenxe.

32Wobuya asixilonge ke eso silonda umbingeleli ngosuku lwesixhenxe, kuthi ke ukuba asibhidlanga, noboya bungajikanga ibala, yaye singenzulu kunolusu lwangaphandle,

33loo mntu kufuneka achebe ashiye loo ndawo inesilonda. Aze ke umbingeleli aphinde amgcine bucala ezinye iintsuku ezisixhenxe.

34Wobuya amxilonge ngosuku lwesixhenxe, sithi ke ukuba asibhidlanga isilonda, singenzulu kunolusu lwangaphandle, azise ke umbingeleli ukuba loo mntu uhlambulukile, akanamlaza. Loo mntu kufuneka ahlambe izambatho zakhe, ukuze ahlambuluke.

35Xa sibhidla isilonda emva kokuba kuthiwe akanamlaza,

36umbingeleli wobuya amxilonge. Xa sibhidlile isilonda akukho mfuneko yakukhangela ukuba ngaba noboya bujikile na; kucacile ukuba loo mntu unawo umlaza.

37Xa umbingeleli ebone ukuba asibhidli isilonda, yaye noboya abujikanga bala, nesilonda sirhawukile, uya kwazisa ukuba loo mntu akanawo umlaza.

38Xa kukho indoda nokuba ngumfazi onamaqhakuva amhlophe emzimbeni,

39umbingeleli makamxilonge loo mntu. Ukuba loo maqhakuva akacacanga, olo lurhatshalala nje oluvelileyo; loo mntu akanawo umlaza.

40-41Ukuba umntu ukhuthuke iinwele enqentsu, okanye ebunzi, asingomlaza loo nto.

42Kodwa ukuba kuloo ndawo ikhuthukileyo kuvele isilonda esinobubovu, loo nto sisifo esoyikekayo solusu.

43Umbingeleli akuba emxilongile, abone ulusu lufukukile, lunobubovu,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

44kufuneka azise ukuba loo mntu unesifo esosulelayo esisentloko, ngoko ke unomlaza.

45Umntu onaso esi sifo sosulelayo solusu kufuneka anxibe iimpahla ezidlakadlaka, angazichazi iinwele, aze azigqume ubuso obungezantsi, ahambe ekhwaza esithi: “Ndinomlaza! Ndinomlaza!”

46Uhlala enomlaza wonke lo gama asagula seso sifo, yaye kufuneka ahlale ngaphandle kwelali, kude nabanye abantu.

Inkqubo mayela nokungunda

47Xa impahla yoboya nokuba yilinen,

48okanye ilaphu loboya nokuba yilinen, nokuba lithwathwa okanye into eyenziwe ngethwathwa,

49ithe yanyepha yaba luhlaza okanye sabubomvu, inomngundane loo nto, mayiboniswe umbingeleli.

50Umbingeleli woyiphicotha, aze ayibeke bucala iintsuku ezisixhenxe.

51Wobuya ayijonge ngosuku lwesixhenxe, kuthi ke ukuba kuye kwanwenwa ukungunda, athi loo nto inomlaza.

52Woyitshisa ke umbingeleli, nokuba yeyiphi kwezi zinto zikhankanyiweyo, kuba kaloku isasaza ukungunda omakutshatyalaliswe.

53Xa kubonakala ukuba umngundane awunwenwanga kuloo nto,

54umbingeleli uya kuthi mayihlanjwe, ize ibekwe bucala iintsuku ezisixhenxe.

55Kuya kuthi ke xa ngaba ukungunda akuphelanga naxa kunganwenwanga, loo nto inomlaza kufuneka itshiswe nokuba ingunde ngaphandle okanye ngaphakathi.

56Xa athe akuyijonga umbingeleli wafika umngundane uthothile, wowukrazula awususe kuloo nto, nokuba lilaphu, nokuba lithwathwa.

57Xa kuphinde kwavela ukungunda, umnini-nto makayitshise, kuba kuza kwanda umngundane.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

58Xa athe wayihlamba loo nto, kwaza kwaphela ukungunda, makaphinde ayihlambe, ukuze ingabi namlaza.

59Nantso ke inkqubo ngokuphathelele empahleni engundileyo, nokuba yeyoboya, nokuba yeyelinen, nokuba yinto eyenziwe ngethwathwa.

Eyonqulo 14

Ukususwa komlaza kumntu obenesifo solusu

1 UNdikhoyo wanika uMosis le nkqubo

2yokususwa komlaza kumntu ophilileyo obesakuba nesifo esosulelayo solusu. Kuya kuthi ngomhla okuza kwaziswa ngawo ukuba akasenamlaza kufuneke adibane nombingeleli loo mntu.

3Yena ke umbingeleli wophumela ngaphandle kwelali, apho aya kuthi amxilonge khona. Xa isifo siphelile,

4umbingeleli uya kuthi makuziswe iintaka ezimbini ezityiwayo, kunye neceba lomthi womsedare, negqesha elibomvu, kwakunye nehlamvu lengcongolo ekuthiwa yihisopu.

5Andule ke umbingeleli athi mayibulawe enye intaka, yophiselwe engqayini enamanzi asand' ukukhiwa emthonjeni.

6Enye intaka le woyithatha ayithi nkxu egazini lale ifileyo, alenjenjalo neceba lomsedare, igqesha elibomvu, kunye nehlamvu elo lehisopu.

7Emva koko womfefa kasixhenxe ngelo gazi loo mntu uphilileyo, andule ke azise ukuba akasenamlaza ngoku. Le ihleliyo intaka yona wophuma nayo elalini, ayiyeke ibhabhe imke.

8Loo mntu ke kufuneka ahlambe impahla yakhe, achebe iinwele, ahlambe nomzimba, aze ke abe uhlambulukile. Angangena ngoku ngaphakathi kwelali, kodwa kufuneka angangeni endlwini yakhe kude kuphele iintsuku ezisixhenxe.

9Wobuya azichebe iinwele kwakhona ngomhla wesixhenxe, achebe neendevu, neentshiya; bonke uboya obusemzimbeni abuchebe nabo, aphinde ahlambe

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

impahla yakhe, ahlambe nomzimba, aze ke emva koko abe akanawo tu umlaza.

10Ngosuku lwesibhozo kufuneka eze neenkunzi ezimbini zeegusha ezinonyaka omnye kwakunye nemazi yegusha enonyaka, zingabi nasiphako, aphathe kunye neekhilogram ezintathu zomgubo wengqolowa oxutywe namafutha omnquma, athathe namafutha anganeno kwesiqingatha selitha.

11Umbingeleli owazisa ukuhlambuluka kwaloo mntu womsondeza naloo minikelo yakhe ekungeneni kwesibingelelo phambi koNdikhoyo;

12andule ke umbingeleli athathe enye inkunzi yegusha kunye nalaa mafutha anganeno kwesiqingatha selitha, enze ngazo idini lentlawulo. Wozinikela kuNdikhoyo zibe ngumnikelo owanga-wangiswayo.

13Le nkunzi yegusha enonyaka woyinqumlela kulaa ndawo ikhethekileyo kuxhelelwa kuyo izinto zokwenza amadini okucamagushela isono natshiswayo. Kufuneka enjenjalo, kuba kaloku idini lentlawulo lidini elilodwa, elisisabelo sombingeleli, njengoko linjalo idini lokucamagushela isono.

14Ngoku ke umbingeleli uthi nkxu umnwe egazini, aze atyikile ngalo indlebe yaloo mntu yasekunene, ubhontsi wasekunene, nosithupha wasekunene;

15abuye athathe inxenye yaloo mafutha, ayigalele esandleni sasekhohlo,

16athi nkxu umnwe wesandla sokunene kuloo mafutha, aze afefe ngawo phambi koNdikhoyo kasixhenxe;

17ze aphinde acuntsule intwana kwakuloo mafutha asesandleni, atyikile eziya ndawo ebedyobhe igazi kuzo: indlebe yaloo mntu yasekunene, nobhontsi wasekunene, kwakunye nosithupha wasekunene.

18Amafutha asele esandleni sakhe kufuneka athambise ngawo intloko yaloo mntu uhlanjwa umlaza. Uya kwenjenjalo ke umbingeleli ukucamagushela loo mntu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Emva koko ke umbingeleli kufuneka anikele idini lokucamagushela isono,
ukungxengxezela loo mntu unomlaza. Uya kwandula ke anqumle into
yokwenza idini elitshiswayo,

20aze ayinikele eqongeni kunye nomnikelo wokutya. Wokwenjenjalo ke
umbingeleli xa ecamagushela umntu; abe ke loo mntu uhlambulukile.

21Xa ngaba loo mntu ulihlwempu, yaye engenako ukwenza ngenye indlela,
kufuneka eze nenkunzi yegusha yokwenza idini lentlawulelo. Eli lidini
eliwanga-wangiswa phambi koNdikhoyo ukucamagushela umntu lowo.
Kufuneka aphathe nekhilogram enye yomgubo wengqolowa oxutywe
namafutha omnquma aza kuba ngumnikelo wokutya, kwakunye namafutha
omnquma anganeno kwesiqingatha selitha.

22Kufuneka kwakhona eze namahobe amabini okanye amavukuthu amabini.
Elinye loba leledini lokucamagushela isono, elinye libe leledini elitshiswayo.

23Uya kuza nazo ezi zinto ngomhla wesibhozo kumbingeleli, umhla
wokuhlanjululwa kwakhe, ekungeneni kwesibingelelo phambi koNdikhoyo.

24Umbingeleli wothatha igusha yedini lentlawulelo, kunye namafutha
omnquma, aziwanga-wangise phambi koNdikhoyo.

25Kufuneka ayinqumle igusha leyo, aze athi ngentwana yegazi layo atyikile
indlebe yasekunene yaloo mntu, nobhontsi wasekunene, kunye nosithupha
wasekunene,

26aze agalele intwana yamafutha esandleni sakhe sasekhohlo,

27athi nkxu kuwo umnwe wesandla sakhe sokunene, aze afefe isibingelelo
ngalo kasixhenxe,

28andule atyikile ngamafutha eziya ndawo ebedyobhe igazi kuzo: indlebe
yasekunene, ubhontsi wasekunene, nosithupha wasekunene.

29La mafutha asele esandleni sakhe sasekhohlo umbingeleli kufuneka
athambise ngawo intloko yaloo mntu uhlanjwa umlaza, aze ke abe
ucanyagushelwe phambi koNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

30-31Emva koko wenza idini lokucamagushela isono ngelinye lamahobe okanye amavukuthu, aze ngelinye enze idini elitshiswayo, athathe nokutya oku. Uya kwenjenjalo ke ukumcamagushela kuNdikhoyo umntu onomlaza.

32Yiyo ke leyo inkqubo malunga nomntu obesakuba nesifo solusu esosulelayo kodwa abe engenandlela yokufikelela kwiminikelo eqhelekileyo.

Umngundane ezindlwini

33 UNdikhoyo wathi kuMosis noAron:

34“Nakufika kwilizwe laseKanana endininika lona ukuba nime kulo, ze nenjeje mayela nezindlu ezinomngundane: Ukuba kuvele umngundane endlwini ethile kwelo lizwe

35umnini-ndlu kufuneka aye kubika kumbingeleli esithi: ‘Ndibhaqe into engathi ngumngundane endlwini yam.’

36Uya kuthi umbingeleli makukhutshwe yonke impahla esendlwini, ngaphambi kokuba aye kuhlola ukungunda oko kusendlwini; kungenjalo yonke into ekuloo ndlu uya kuthi inomlaza. Uya kuya ke endlwini apho,

37afike ahlole ukungunda oko. Xa kukho amachaphaza abuluhlaza okanye abubomvu athe gongqo eludongeni,

38wophuma kuloo ndlu, aze ayitshixe ithuba leentsuku ezisixhenxe.

39Ngolwesixhenxe usuku wobuya abuye umbingeleli, aze kuyihlola kwakhona loo ndlu. Xa ukungunda kunwenwile,

40umbingeleli uya kuthi loo matye angundileyo makakhutshwe aphoswe ngaphandle kwelali kwindawo yenkunkuma,

41emva koko athi makuxotyulwe udaka eludongeni lwangaphakathi, luye kulahlwa ngaphandle kwelali kwindawo yenkunkuma.

42Endaweni yalawa matye akhutshiweyo kofakwa amanye amatsha, kutyatyekwe nangodaka olutsha.

© 1996 Bible Society of South Africa.

43“Xa ukungunda kuphinde kwavela, naxa indlu leyo ibe ikhutshwe loo matye
ebengundile yaza yatyatyekwa kutsha,

44kufuneka aye kuyihlola kwakhona umbingeleli. Ukuba ukungunda kuye
kwanwenwa, loo ndlu inomlaza.

45Kufuneka ke ichithwe, aze amatye ayo, naloo maplanga, kunye nodaka, aye
kulahlwa ngaphandle kwelali kwindawo yenkunkuma.

46Umntu othe wangena kuloo ndlu lo gama itshixiweyo woba nomlaza kude
kutshone ilanga.

47Umntu othe walala kuyo, okanye watyela apho kuyo, kufuneka ahlambe
impahla yakhe.

48“Xa athe weza kuyihlola loo ndlu umbingeleli emva kokuba ihlaziyiwe,
waza akabona kungunda kukhoyo, uya kuthi loo ndlu ayisenawo umlaza,
kuba kaloku umngundane uphelile.

49Ukuhlambulula le ndlu kufuneka athathe iintaka ezimbini, kunye neceba
lomsedare, negqesha elibomvu, kunye nehlamvu lengcongolo ekuthiwa
yihisopu.

50Enye intaka uya kuyophisela engqayini enamanzi asand' ukukhiwa
emthonjeni,

51aze athathe elaa ceba lomsedare, nehlamvu lehisopu, negqesha elibomvu,
kunye nalaa ntaka ihleliyo, azithi nkxu egazini laleya ntaka yophiselwe kulaa
manzi asand' ukukhiwa, aze ke afefe loo ndlu kasixhenxe ngazo.

52Uya kwenjenjalo ke umbingeleli ukuyisusa umlaza loo ndlu ngegazi
lentaka, ngamanzi asand' ukukhiwa, ngentaka ehleliyo, nangeceba lomsedare,
nehlamvu lehisopu, kwakunye negqesha elibomvu.

53Loo ntaka ihleliyo makaphume nayo elalini ayiyeke ibhabhe imke.
Wenjenjalo ke ukususa umlaza obukuloo ndlu, ukuze ihlambuluke.”

54Yonke le nquleqhu ingesifo esosulelayo solusu,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

55-56izilonda, amathumba, ukudumba, nokungunda kwezindlu nempahla.

57Le nkqubo icalula phakathi kwento enomlaza nento engenawo.

Eyonqulo 15

Ububovu obubanga umlaza

1 UNdikhoyo wabhekisa kuMosis nakuAron wathi

2maze baxelele amaSirayeli ukuba xa kukho indoda evuza ububovu ngamaphambili, loo nto yenza umlaza,

3nokuba ukuvuza oko kuhlala kukho, okanye kumana kunqamka.

4Umandlalo ethi ihlale okanye ilale phezu kwawo, nawo uyasuleleka ngumlaza.

5-6Kanti ke nomntu othi achukumise loo mandlalo, okanye ahlale phezu kwento ebikhe yahlala phezu kwayo loo ndoda, kufuneka ahlambe impahla yakhe, azihlambe umzimba. Wohlala enomlaza kude kutshone ilanga.

7Umntu othi ayichukumise loo ndoda naye kufuneka ahlambe impahla yakhe, azihlambe nomzimba, yaye uya kuhlala enomlaza kude kutshone ilanga.

8Ukuba ithe yatshicela umntu loo ndoda ivuzayo, loo mntu yena kufuneka ahlambe impahla yakhe, ahlambe nomzimba, yaye uya kuba nomlaza de kutshone ilanga.

9Isali nokuba sisihlalo ethi loo ndoda inomlaza ihlale kuso, iyasuleleka ngumlaza.

10Umntu othe wachukumisa nantoni na ebithe yahlala phezu kwayo loo ndoda inomlaza, naye uyasuleleka de kutshone ilanga. Umntu othe waphatha into ebekuhleli kuyo loo ndoda kufuneka yena ahlambe impahla yakhe, ahlambe nomzimba, yaye usulelekile naye kude kutshone ilanga.

11Xa laa ndoda inomlaza ithe yabamba umntu ingazihlambanga izandla zayo, loo mntu yena usulelekile. Kufuneka ahlambe impahla, ahlambe nomzimba. Wohlala enomlaza naye kude kutshone ilanga.

© 1996 Bible Society of South Africa.

12Kufuneka iqhekezwe ingqayi ethe yaphathwa nguloo mfo uvuzayo, size sona isitya esenziwe ngomthi sihlanjwe.

13Yakuba le ndoda iphilile, kufuneka ilinde iintsuku zibe sixhenxe, yandule ke ukuya kuhlamba impahla, ize ihlambe nomzimba kumanzi abalekayo, ukuze usuke umlaza.

14Ngosuku lwesibhozo kufuneka ise kumbingeleli amahobe amabini okanye amavukuthu ngasesangweni lesibingelelo phambi koNdikhoyo.

15Umbingeleli ke yena wonikela elinye libe lidini lesono, lize elinye libe lidini elitshiswayo. Uya kwenjenjalo ke ukucamagushela loo mntu.

16Xa kukho indoda ethe yazingcolisa ngobudoda, kufuneka ihlambe umzimba. Yohlala inomlaza kude kutshone ilanga.

17Impahla ethe yathontsizelwa yangcola, nokuba yeyesikhumba, kufuneka ihlanjwe, yaye yohlala inomlaza kude kutshone ilanga.

18Xa indoda nomfazi bethe bahlangana, kufuneka bahlambe umzimba emva koko, yaye boba nomlaza kude kutshone ilanga.

19Umntu obhinqileyo xa athe waba sexesheni uba nomlaza iintsuku ezisixhenxe; umntu othi amchukumise naye uyasuleleka de kutshone ilanga.

20Nantoni na athi ahlale okanye alale phezu kwayo lo gama asexesheni nayo iyasuleleka ngumlaza.

21-23Umntu ochukumisa umandlalo waloo mfazi, okanye into athe wahlala phezu kwayo, uyasuleleka ngumlaza kude kutshone ilanga, yaye kufuneka ahlambe impahla yakhe, ahlambe nomzimba.

24Xa kukho indoda ethe yahlangana naye lo gama asexesheni nayo iyasuleleka ngumlaza. Yoba nawo de kube ziintsuku ezisixhenxe; yaye nomandlalo ethi ingqengqe kuwo uba nomlaza nawo.

25Xa kukho umntu obhinqileyo ohlambayo naxa engekho exesheni lokwenza loo nto, okanye ohlamba naxa seligqithile ixesha lakhe, uba nomlaza ngaye wonke lo gama asahlambayo, kanye njengoko kuba njalo xa esexesheni.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

26Ngalo lonke ke elo xesha umandlalo alala kuwo, kwanento athi ahlale kuyo, iba nomlaza.

27Umntu othi achukumise ezo zinto uyasuleleka, yaye kufuneka ahlambe impahla yakhe kwakunye nomzimba. Uba nomlaza de kutshone ilanga.

28Akupheza ukuhlamba kufuneka loo mfazi alinde iintsuku zibe sixhenxe, aze ke ahlambuluke.

29Ngosuku lwesibhozo kufuneka ase kumbingeleli amahobe amabini, okanye amavukuthu, ngasesangweni lesibingelelo.

30Umbingeleli wonikela elinye libe lidini lesono, lize elinye libe lidini elitshiswayo. Yiyo ke leyo indlela yokumcamagushela phambi koNdikhoyo umfazi okuloo meko.

31UNdikhoyo wathi kuMosis: “Wakhwebule amaSirayeli kwiimeko ezibangela umlaza, ukuze angasixabheli isibingelelo sam esisembindini welali, hleze afe.”

32Nguwo lowo ke umyalelo mayelana nendoda evuza ububovu, okanye ethe yazingcolisa ngobudoda,

33kwakunye nomntu obhinqileyo osexesheni, okanye indoda ethe yahlangana nomfazi onomlaza, kwakunye nabani na ovuza ububovu.

Eyonqulo 16

UMhla wokuCamagusha

1Emva kokufa koonyana baka-Aron bobabini, abafa ngenxa yokwenzela uNdikhoyo umlilo ongekho esikweni,

2uNdikhoyo wathi kuMosis: “Yithi kumntakwenu uAron makangafan' angene nje emva komkhusane kwelona gumbi lingcwele, kuba kulapho ndibonakala khona elifini ngaphezu kwesivalo sokucamagushela setyesi yomnqophiso. Ukuba uyenzile loo nto uya kufa.

3Angangena kwelona gumbi lingcwele kuphela xa eza nenkunzana yenkomo yedini lesono kunye nenkunzi yegusha yedini elitshiswayo. ”

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Wathi uNdikhoyo uAron aze enze ezi zinto: UAron ngaphambi kokuba angene kwelona gumbi lingcwele kufuneka ahlambe umzimba, afake izivatho ezizodwa zobubingeleli: ihempe yelinen yangapantsi, ibhulukhwe emfutshane, umbhinqo esinqeni, aze athwale iqhiya.

5Ibandla lakwaSirayeli lilonke lonikela uAron iinkunzi zeebhokhwe zibe mbini zokwenza idini lesono, kunye nenkunzi yegusha yedini elitshiswayo.

6Uya kunikela ngenkunzi yenkomo yokungxengxezela izono zakhe kwakunye nomzi wakhe,

7andule ke asondeze ezaa bhokhwe zimbini ngasesangweni lesibingelelo phambi koNdikhoyo.

8Khona apho ke uya kwenza iqashiso ngamatye amabini, elinye ilitye libhalwe kuthiwe “ibhokhwe kaNdikhoyo” elinye “ibhokhwe ethwaliswa izono.”

9Iya kuthi ke loo bhokhwe ichongwe ngeqashiso ukuba yekaNdikhoyo uAron enze ngayo idini lokucamagushela isono,

10ithi leya iyibhokhwe ethwaliswa izono isondezwe kuNdikhoyo ihleli, ibe sisicamagushelo ngokuthi ikhatshelelwe entlango ithwele izono zesizwe.

11UAron uya kuza nenkunzi yenkomo yokucamagushela isono sakhe kunye nesomzi wakhe, aze ayixhele.

12Uya kukha amalahle avuthayo ngomcephe eqongeni eliphambi koNdikhoyo, aze athathe kangangezandla ezibini zentlaka yesiqhumiso ecoliweyo, angene nazo kwelona gumbi lingcwele.

13Apho ke ngaphambi koNdikhoyo wogalela intlaka yesiqhumiso kuloo malahle, khon' ukuze umsi wesiqhumiso usigubungele isivalo setyesi enobungqina bomnqophiso, ukuze angayiboni, hleze afe akuyibona.

14Uya kwandula ke athi nkxu umnwe wakhe egazini laloo nkunzi yenkomo exheliweyo, ze atshize ngalo umphambili wesivalo setyesi, aze athi tshize kasixhenxe nangaphambi kwetyesi yomnqophiso.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15Akugqiba ke uya kuxhela laa bhokhwe yedini lokungxengxezela izono zesizwe, azise igazi layo ngaphakathi kwelona gumbi lingcwele, aze atshize ngalo isivalo nomphambili wetyesi yomnqophiso njengoko ebenzile ngegazi lenkunzi yenkomo.

16Ngokwenjenje ke uyalicamagushela elona gumbi lingcwele ekuxajelweni ngumlaza wamaSirayeli nazizono zokungeva kwawo. Kufuneka ayenze le nto nasesibingelelweni siphela, kuba kaloku simi kanye embindini welali esuleleke ngumlaza.

17Ukususela ekungeneni kuka-Aron kwelona gumbi lingcwele ukuya kwenza inkonzo yokucamagushela, de abe uphumile, makungangeni namnye umntu esibingelelweni. Akugqiba ukuzicamagushela yena kunye nomzi wakhe kwakunye nebandla likaSirayeli liphela,

18kufuneka aphume aye kucamagushela iqonga eliphambi koNdikhoyo. Makathathe igazi lalaa nkunzi yenkomo nelalaa bhokhwe, aye kutyikila ngalo iimpondo ezikwiikona zeqonga,

19aze atshize ngelo gazi kasixhenxe apho eqongeni. Wokwenjenjalo ke ukulicamagushela iqonga lamadini kumlaza wamaSirayeli, alahlulele uNdikhoyo libe ngcwele.

Ibhokhwe ethwaliswa izono

20Akugqiba uAron ukulicamagushela elona gumbi lingcwele, nesibingelelo siphela, kunye neqonga, uya kusondeza kuNdikhoyo laa bhokhwe ihleliyo ibichongelwe ukuthwaliswa izono.

21Woyibeka izandla entloko, avume phezu kwayo bonke ububi obenziwe ngamaSirayeli, nokungeva kwawo, kunye nezono zawo zonke. Loo bhokhwe ithwaliswe zonke izono iya kukhatshelwa entlango ngumntu otyunjelwe loo nto.

22Yozithwala zonke izono zabantu loo bhokhwe, iye nazo apho kungahlali mntu khona.

© 1996 Bible Society of South Africa.

23Uya kwandula ke ngoku uAron aye esibingelelweni, apho aya kufika akhulule izivatho zobubingeleli abezinxibe ngaphambi kokuba angene kwelona gumbi lingcwele, azishiye apho.

24Uya kuhlamba umzimba endaweni ekhethekileyo, aze anxibe impahla yakhe eqhelekileyo. Emva koko uya kuphumela ngaphandle, anikele idini elitshiswayo lokucamagushela izono zakhe nelokucamagushela izono zesizwe.

25Amanqatha edini lesono makawatshisele apho eqongeni.

26Laa mntu ubeyikhaphele entlango ibhokhwe ethwaliswe izono kufuneka ahlambe impahla yakhe, ahlambe nomzimba, ngaphambi kokuba abuyele ngaphakathi kwelali.

27Laa nkunzi yenkomo kunye nalaa bhokhwe yokwenza idini lesono, ezigazi lazo belingeniswe kwelona gumbi lingcwele ukuze ngalo kungxengxezelwe isono, kufuneka zona zikhutshelwe ngaphandle kwelali, zitshiswe apho. Ufele, inyama, kunye nezibilini, kufuneka kutshiswe konke.

28Umntu otyunjelwe loo msebenzi wokuzitshisa kufuneka ahlambe impahla yakhe, ahlambe nomzimba, ngaphambi kokuba abuyele ngaphakathi kwelali.

Izithethe zoMhla wokuCamagusha

29Ezi zithethe kufuneka zigcinwe ngalo lonke ixesha: Ngosuku lweshumi kwinyanga yesixhenxe kufuneka amaSirayeli, kwakunye nabangeneleli abaphakathi kwawo, bazile, bangenzi namsebenzi.

30Ngaloo mini makucanyagushwe, khon' ukuze bangabi nasono kuNdikhoyo.

31Loo mhla mawube yimini eyodwa abaya kuthi bazile ngayo, bangenzi nomsebenzi lo. Esi mayibe sisithethe esiya kusoloko sigcinwa ngalo lonke ixesha.

32Ucamagusho kufuneka lwenziwe ngumbingeleli omkhulu omiselwe watyunjelwa ukungena endaweni kayise. Wovatha ezizodwa zobubingeleli,

33aze ke alicamagushele elona gumbi lingcwele, isibingelelo siphela, iqonga, ababingeleli, kwakunye nebandla lakwaSirayeli lilonke.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

34Masingaze sityeshelwe esi sithethe. Kanye ngonyaka amaSirayeli makacanyagushelwe. UMosis ke wenza njengoko wayeyalelwe nguNdikhoyo.

Eyonqulo 17

Indawo emakuxhelelwe kuyo

1 UNdikhoyo wathi uMosis

2makagqithisele le mimiselo kuAron nakoonyana bakhe nakumaSirayeli ephela:

3-4UmSirayeli oxhela inkomo nokuba yigusha nokuba yibhokhwe, eyixhelela elalini okanye nakuyiphi na enye indawo, waphula umthetho xa loo nto angayenzeli ngasesangweni lesibingelelo. Umntu ongawuthobelanga lo mmiselo wofana nomntu ophalaze igazi, yaye uya kusikwa kumaSirayeli.

5Intsingiselo yalo mthetho kukuba amaSirayeli awazise kuNdikoyo loo madini ebekade ewaxhelela naphi na. Onke amadini makaziswe kumbingeleli ngasesangweni lesibingelelo, abe ngamadini obudlelane.

6Umbingeleli uya kutshiza ngegazi elo kumacala onke eqonga ekungeneni kwesibingelelo, aze amanqatha awatshise enzele uNdikhoyo ivumba elimyoli.

7AmaSirayeli makangaphindi anganyaniseki kuNdikhoyo ngokuxhelela naphi na, esenzela iindimoni amadini. Esi sithethe amaSirayeli makangaze asityeshele.

8UmSirayeli okanye umngeneleli othe wenzela uNdikhoyo idini elitshiswayo, okanye naliphi na elinye idini,

9ongalenzelanga uNdikhoyo ngasesangweni lesibingelelo, loo mntu kufuneka asikwe ebantwini bakaThixo.

Ukuxabiseka kwegazi

10UmSirayeli okanye umngeneleli othe watya inyama yento engophanga, uNdikhoyo womfulathela, angabi nabudlelane naye.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11Igazi bubomi bayo nayiphi na into ephilayo. Yiyo ke loo nto uNdikhoyo ayalela ukuba kungxengxezelwe ngalo izono zabantu eqongeni. Igazi libubomi, licamagushela izono.

12Yiyo ke loo nto uNdikhoyo athe amaSirayeli nabangeneleli maze bangayityi inyama yento engophanga.

13Xa kukho umSirayeli okanye umngeneleli othe wazingela wabamba inyamakazi okanye intaka etyiwayo, kufuneka igazi layo alivuzisele emhlabeni, aze aligqumelele ngomhlaba.

14Kaloku igazi libubomi bayo yonke into ephilayo. Kungenxa yoko ke uNdikhoyo athe kumaSirayeli makangayityi inyama yento engophanga, yaye nabani na oyityayo uya kusikwa ebantwini bakaThixo.

15UmSirayeli okanye umngeneleli othe watya inyama yento efileyo, okanye ebulewe ngamarhamncwa, kufuneka ahlambe iimpahla, ahlambe nomzimba, alinde kutshone ilanga, ukuze uphele umlaza.

16Ukuba akayenzi loo nto, aze aqonde ukuba isala-kutyelwa sibona ngolophu.

Eyonqulo 18

Mayela norheletyo

1 UNdikhoyo wayalela uMosis

2ukuba axelele amaSirayeli athi: “Mna ndinguNdikhoyo uThixo wenu.

3Sanukulandela imikhwa yabantu baseJiputa, apho benifudula nihlala khona, okanye eyabantu baseKanana, apho ndinisa khona ngoku.

4Yithobeleni imithetho yam, nenze oko ndiniyalela kona. Ewe, ndim Ndikhoyo uThixo wenu.

5Nize nihambe ngemimiselo nangemithetho endiza kuniwisela yona; xa niyithobela niya kuphila ngayo. Kutsho mna Ndikhoyo.”

6UNdikhoyo ke wawisa le mithetho: “Makungabikho ndoda ihlangana nomntu ezalana naye.

© 1996 Bible Society of South Africa.

7Uze ungamhlazisi uyihlo ngokuhlangana nonyoko; linyala ukuhlangana nonyoko.

8Uze ungahlazisi uyihlo ngokuhlangana naye nawuphi na kubafazi bakhe.

9Ungaze uhlangane nodade wenu, nokuba yintombi kayihlo, nokuba yintombi kanyoko, nditsho nokuba ingakhulelanga kowenu.

10Ungaze uhlangane nomzukulwana wakho; linyala elo.

11Ungaze uhlangane nentombi yeqadi; ngudade wenu lowo.

12Ungaze uhlangane nodade boyihlo

13okanye unyokokazi.

14Ungaze uhlangane nomka-yihlo-mncinci okanye kanyokolume.

15Ungaze uhlangane nomolokazana wakho,

16okanye umka-mntakwenu.

17Ungaze uhlangane nentombi okanye umzukulwana womfazi owakha wahlangana naye; kaloku bayazalana naye. Into enjalo yintlondi.

18Ungaze umenze umkakho udade bomkakho lo gama asaphilayo umkakho.

19“Ungaze uhlangane nomfazi osexesheni, kuba ùya kuxabheleka ngokwenjenjalo.

20Ungaze uhlangane nomfazi wenye indoda, kuba linyala loo nto.

21Unganikezeli namnye umntwana wakho abe yinto yokwenzela uMoleki idini, kuba loo nto inyelisa igama loThixo wakho. Nditsho mna Ndikhoyo.

22Indoda mayingahlangani nenye indoda iyenze umfazi, kuba lisikizi elo.

23Makungabikho ndoda okanye umfazi ohlangana nesilwanyana; loo ntlondi ilisikizi.

24Ze ningazingcolisi ngezi ntlondi, kuba iintlanga zazixabhela ngenxa yezi zinto. Nditsho iintlanga ezazimi kulo mhlaba, ezi ngoku mna Ndikhoyo ndizikhuphayo kuwo ukuze kuhlale nina.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

25Iintlondi zazo zada zaxabhela nomhlaba lo, ngoku ke ndiwenze ukuba
ubabukule abantu ababewumile.

26-27Bawenza la manyala onke, baza balingcolisa elo zwe; ke nina maze
niwatyeshele. Nditsho kuni nonke, maSirayeli kunye nabangeneleli, kufuneka
le miyalelo yam niyigcine,

28khon' ukuze ningawuxabheli loo mhlaba ude unibukule njengoko
wazibukulayo iintlanga ebezihlala kuwo ngaphambi kwenu.

29Yazini ukuba uyasikwa ebantwini bakaNdikhoyo nabani na owenza la
masikizi."

30"Thobelani imiyalelo yam," utsho uNdikhoyo, "ningalinganisi imikhwa
yabantu ababehlala apha ngaphambi kwenu. Ze ningazixabheli ngokwenza la
manyala. Kutsho mna kaloku, Ndikhoyo, uThixo wenu."

Eyonqulo 19

Imithetho ngemithetho

1 UNdikhoyo wayalela uMosis ukuba makathi kwibandla lilonke
lakwaSirayeli:

2"Yibani ngabantu abangcwele, kuba mna Ndikhoyo, Thixo wenu,
ndingcwele.

3Hlonelani uyihlo nonyoko, nize noMhla wokuPhumla niwugcine
ngokomyalelo wam. Kaloku ndim uNdikhoyo uThixo wenu.

4"Nize ningandifulatheli niye kunqula izithixo; ningaziqingqeli
imifanekiso. Kaloku mna Ndikhoyo ndinguThixo wenu.

5"Xa nixhele into yokwenza idini lobudlelane, ze nenze ngokommiselo
endaninika wona, ukuze ndilamkele elo dini.

6Inyama yalo kufuneka ityiwe kanye ngalo mhla yawiswa ngawo loo nto
yedini, kungenjalo ngomhla olandelayo. Ngomhla wesithathu yonke inyama
eseleyo kufuneka itshiswe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Kaloku selinomlaza, yaye ukuba kukho bani uyityileyo loo nyama, akayi kwamkeleka yena.

8Nabani na oyityileyo loo nyama wolizeka ityala. Kaloku uxabhele into eyahlulelwe mna. Loo mntu kufuneka asikwe kubantu bam.

9“Xa nivuna ze ningayisiki ingqolowa esemaphethelweni amasimi, ningakhwahlazi xa senivunile.

10Nasesidiliyeni ze ningakhwahlazi, newileyo ningayicholi. Ze niyiyekele amahlwempu kunye nabantu basemzini. Ndim kaloku uNdikhoyo uThixo wenu.

11“Ze ningebi, okanye nenze amaqhinga, okanye nixoke.

12Ungafungi ngegama lam uxoka. Ngokwenjenjalo unyelisa igama lam. Kaloku mna Ndikhoyo ndinguThixo wakho.

13“Ungaze umqhathe ummelwane wakho okanye umenzele ubuqhopholo. Musa ukuwubamba umvuzo womntu omqeshileyo, nditsho nobusuku obunye obu.

14Ungasithuki isithulu, okanye ubeke umqobo osisikhubekiso phambi kwemfama. Ndihlonele; kaloku ndinguNdikhoyo uThixo wakho.

15“Nize nigwebe ngobulungisa xa nichophele amatyala. Ze ningawenzeleleli amahlwempu, okanye nibe nomkhethe ngakwizityebi.

16Ningasasazi ulwimi ngabanye abantu, ningenzi nantoni na eya kubeka ubomi bomnye umntu esichengeni. Kaloku ndinguNdikhoyo.

17“Nize ningabi nanqala mntwini. Mkhalimele umntu owonayo, hleze nawe ube netyala.

18Ze ningaziphindezeli mntwini, okanye nimbambe isixhiba, koko nina mthandeni ummelwane wenu, kanye ngale ndlela nizithanda ngayo. Kutsho mna Ndikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19“Yithobeleni imimiselo yam. Ze ningazekisi izilwanyana ezingelohlobo lunye, ningahlwayeli ndidi zahlukileyo zembewu ntsimini-nye, ningazambathi iimpahla ezilukwe ngemisonto eendidi zahlukileyo.

20“Ukuba indoda ithe yalala nekhobokazana esekuvunyelwene ngalo ukuba lithengiswe komnye, phofu lingekahlawulelwa, kufuneka bohlwaywe ngokulingene isenzo eso, kodwa bangàbulawa – kaloku ibiselikhobokazana.

21Loo ndoda kufuneka izisele uNdikhoyo inkunzi yegusha esangweni lesibingelelo, ibe lidini lentlawulo.

22Uya kuthi ke umbingeleli enze ngayo idini longxengxezelo, aze ke loo mntu axolelwe isono sakhe nguNdikhoyo.

23“Nakufika eKanana ze nithi xa nityala imithi niyithathe njengemithi enomlaza kwiminyaka emithathu yokuqala. Ngelo xesha ke ze ningatyi nto kuyo.

24Kunyaka wesine zonke iziqhamo mazinikelwe kum, mna Ndikhoyo, zibe ngumnikelo wombulelo.

25Kodwa kowesihlanu unyaka ningazitya iziqhamo. Xa nenjenjalo sochuma ngakumbi isivuno. Kutsho mna Ndikhoyo, Thixo wenu.

26“Ningatyi nyama inegazi. Ze ningavumisi, ningenzi naluphi na uhlobo lwemilingo.

27-28Xa nizilela abangasekhoyo ze ningazichebi iinwele ezisemacaleni entloko, neendevu ningaziphunguli. Ze ningavambi, ningenzi ntlanga emzimbeni. Kutsho mna Ndikhoyo.

29“Ningazingcolisi iintombi zenu ngokuzenza amahenyukazi. Xa nenjenjalo ilizwe loba lilizwe lobuhenyukazi, lize ke lizale yinkohlakalo.

30Nina ze niyigcine iMihla yam yokuPhumla, nisihlonele isibingelelo sam. Kutsho mna Ndikhoyo.

31“Ningathathi ntonga niye kuvumisa kubantu abeva ngababhubhileyo. Xa nenza loo nto noba nezothe. Kutsho mna Ndikhoyo, Thixo wenu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

32“Bahloneleni abantu abadala, nibanike imbeko, nimhlonele uThixo wenu –
ndinguNdikhoyo.

33“Ze ningabacinezeli abantu basemzini abahlala phakathi kwenu.

34Baphatheni ngokufanayo nabayinzala, nibathande kanye ngale ndlela
nizithanda ngayo nani. Kaloku nani benikhe nangabantu basemzini
eJiputa. Nditsho ke mna Ndikhoyo, Thixo wenu.

35“Ze ningaqhathi bani ngokusebenzisa imilinganiselo engeyiyo, nditsho
eyobude nobunzima neyesixa.

36Sebenzisani imilinganiselo engenankqatho, nokuba yeyobude, nokuba
yeyobunzima, nokuba yeyenani. Nditsho mna Ndikhoyo Thixo
endanikhuphayo eJiputa.

37Yithobeleni yonke imimiselo yam nemithetho yam; kaloku
ndinguNdikhoyo.”

Eyonqulo 20

Isohlwayo sokungathobeli

1 UNdikhoyo wathi kuMosis

2makathi kumaSirayeli: “Nabani na kuni, nokuba ngumntu wasemzini ohlala
phakathi kwenu, othe wanikela ngomntwana wakhe ukuba kunqulwe ngaye
uMoleki, loo mntu makaxulutywe ngamatye ngumzi uphela.

3Loo mntu ndiya kumchasa, ndingabi sambalela ebantwini bam, kuba umntu
onikezela ngomntwana wakhe kunqulo lukaMoleki uxabhele isibingelelo sam
walinyelisa negama lam elingcwele.

4Xa ke umzi uthe awayihoya loo nto ayenzilyo loo mntu, uze ke ungàmbulali,

5mna okokwam ndomsukela loo mntu, kunye nendlu yakhe, kwakunye nabo
bonke abazibandakanya naye ekungathembekeni kum banqule uMoleki.
Ndobasika kubantu bam abo bantu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

6“Umntu oya kuvumisa kubantu abeva ngababhubhileyo ndomfulathela, angabi saba ngumntu wam.

7Hlalani nizahlulele mna, nibe ngcwele, kuba kaloku ndinguNdikhoyo uThixo wenu.

8Imimiselo yam yithobeleni, kuba kaloku ndinguNdikhoyo, ndaye ndinebango ngani, ndim onenza nahluke.

9“Wonke umntu othuke uyise nokuba ngunina makabulawe; kaloku nguye ngenkqu unobangela wokubulawa kwakhe.

10“Indoda ethe yakrexeza nomfazi womwayo ongumSirayeli mayibulawe kunye naloo mfazi.

11Indoda ethatha isondo komnye wabafazi bakayise ihlazisa uyise, yaye mayibulawe kunye naloo mfazi. Ngabo ngokwabo unobangela wokubulawa kwabo.

12Indoda ethatha isondo kumolokazana wayo kufuneka ibulawe kunye naloo molokazana wayo. Benze inyala kaloku; ke ngabo ngenkqu unobangela wokufa kwabo.

13Indoda elala nenye yenza inyala kunye naloo ndoda ilala nayo. Mababulawe bobabini; yaye ityala lokubulawa kwabo likubo.

14Indoda ethathe umfazi, ize ithathe nonina waloo mfazi imenze umkayo, benze isikizi bobathathu, yaye kufuneka batshiswe bonke; into enjalo mayingenzeki phakathi kwenu.

15Umntu owenza amanyala kunye nesilwanyana kufuneka abulawe kunye neso silwanyana.

16Umfazi olinga ukwenza inyala lokulala nesilwanyana makabulawe kunye neso silwanyana. Lityala labo ukubulawa kwabo.

17“Indoda ethatha udade wayo imenze umfazi, nokuba yintombi kayise okanye yintombi kanina, kufuneka yona naloo mfazi bagxothwe phakathi kwabemi bomzi. Kaloku imnyelisile udade wayo; ke inetyala.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

18Indoda ecela isondo kumfazi osexesheni kufuneka ikhutshelwe ngaphandle komzi kunye naloo mfazi; kaloku bobabini benze intlondi, banomlaza.

19“Indoda mayingaceli isondo kudade boyise okanye kudade bonina; yakwenjenjalo yenza inyala elingumbulo kunye naye; bobabini banetyala.

20Indoda ethatha isondo kunina omncinci inyelisa uyise-mncinci, yaye yona kunye naloo mfazi kufuneka bohlwaywe; abakuba nanzala bobabini.

21Indoda ethatha umka-mntakwayo yenza amanyala; ayiyi kuba nanzala, naloo mfazi akayi kuzala; baya kufa benjalo. Kaloku indoda leyo imnyelisile umntakwabo.

22“Ze niyigcine imimiselo nemithetho yam,” waqhuba watsho uNdikhoyo, “khon' ukuze ilizwe laseKanana, endinisa kulo, linganibukuli.

23Amasiko ezo ntlanga endiza kuzikhupha kwelo zwe, ze kungene nina, maze ningawathathi. Zinezothe kum ngenxa yemikhwa yazo.

24Ke nina ndanithembisa lo mhlaba wazo ulinqatha, uchumayo, ukuba ndoninika wona niwume. Kaloku ndim Ndikhoyo uThixo wenu, ndaye ndinahlule kwezinye izizwe.

25Kufuneka ke ngoko nicalule phakathi kweenyamakazi ezityiwayo nezingatyiwayo, naphakathi kweentaka ezityiwayo nezingatyiwayo. Ningazityi ezo zingatyiwayo. Kaloku ndithe azityiwa; ke xa nithe nazitya noba nomlaza.

26Kufuneka nizahlulele mna, nibe ngabam ndedwa, kuba kaloku ndim Ndikhoyo uThixo wenu, ndaye mna ndahlukile. Ndanahlula kwezi ntlanga, ukuze nina nibe ngabam ndedwa.

27Indoda nokuba ngumfazi ovumisa ngabantu ababhubhileyo kufuneka axulutywe ngamatye afe. Loo mntu wenza loo nto ufa ngetyala lakhe.”

Eyonqulo 21

Imimiselo malunga nababingeleli

© 1996 Bible Society of South Africa.

1 UNdikhoyo wathi uMosis makayale ababingeleli bomlibo ka-Aron, athi:
“Maze kungabikho mbingeleli uzingcolisa ngokusondela kwizidumbu
zezizalwana,

2ngele kokuba loo mntu ubhubhileyo ngunina okanye nguyise, nokuba
ngunyana wakhe okanye intombi yakhe, umntakwabo

3okanye udade wabo ongendanga ohlala naye.

4Aze angazingcolisi ngezidumbu zezalamane zakhe ngomtshato.

5“Makungabikho mbingeleli ucheba intloko, okanye aphungule iindevu,
okanye avambe enze neentlanga emzimbeni, ebonakalisa ukuba uzilile.

6Yena makazahlulele uThixo wakhe, angalihlazisi igama loThixo wakhe.
Nguye lo mbingeleli kaloku umenzela amadini ngomlilo uNdikhoyo;
makahluke ke.

7Umbingeleli akayi kuyitshata intombi eyoniweyo, okanye ebilihenyukazi,
okanye umfazi oqhawule umtshato, kuba kaloku yena wahlulelwe uThixo.

8Mhloneleni kuba engumntu owahlukileyo; kuba kaloku yena unikela
amadini kuThixo wenu. Kaloku ndinguNdikhoyo, ndaye mna ndahlukile,
ndibahlulela mna abantu bam.

9Xa intombi yombingeleli ithe yazingcolisa ngokuba lihenyukazi, ihlazisa
uyise; kufuneka itshiswe ide ife.

10“Umbingeleli omkhulu, lowo uthanjiswe ngokugalelwa ioyile yomnquma
entloko waza wamiselwa ukunxiba izivatho zobubingeleli, kufuneka
angaziyeki zibe dlakadlaka iinwele zakhe, okanye akrazule izambatho zakhe
ebonisa ukuzila akwenzayo.

11Makangangeni kwindawo enesidumbu, angazingcolisi, nditsho nokuba lo
ungasekhoyo nguyise nokuba ngunina.

12Makangaphumi esibingelelweni sikaThixo wakhe okanye asixabhele, kuba
wahlulelwe uThixo wakhe ngokuthanjiswa ngamafutha. Ndim uNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Makatshate intombi epheleleyo,

14ingabi ngumfazi ongumhlolokazi, okanye oqhawule umtshato, okanye owayehambisana namanye amadoda. Mayibe yintombi epheleleyo yamawabo.

15Ngokwenjenjalo inzala yakhe ayikuba nazothe ebantwini bakhe. Kaloku ndinguNdikhoyo, yaye ndim ozahlulele yena ndamenza umbingeleli omkhulu.”

16Wathi uNdikhoyo uMosis

17makayalele uAron, athi: “Maze kungabikho namnye kwinzala yakho onesiphako emzimbeni oya kusondeza umnikelo kuThixo. Loo nto iya kuhlala injalo lonke ixesha.

18Makungabikho mntu unesiphako oya kusondeza iminikelo: makungabikho mfama, siqhwala, mntu ulimeleyo okanye usisilima,

19namntu wome isandla okanye unyawo,

20nokuba sisifombo, okanye unqaphele, nokuba unesifo samehlo okanye solusu, okanye etyumke ubudoda.

21Akukho mntwana ka-Aron unesiphako uya kusondeza iminikelo eyenziwe ngomlilo kum Ndikhoyo. Kaloku unesiphako; makangasondeli anikele kuThixo wakhe.

22Umntu onjalo angadla kambe kukutya okwahlulelwe mna, nditsho kanye nokuya kokona kukokwam,

23kodwa ngenxa yesiphako anaso akufuneki asondele emkhusaneni okanye aye eqongeni. Akufuneki azixabhele ezi zinto zahlulelwe mna; kaloku ndinguNdikhoyo, ndim ozahlulelele zona.”

24Nantso ke into eyaxelelwa uAron noonyana bakhe kwakunye namaSirayeli ephela nguMosis.

Eyonqulo 22

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Ukuhlonipheka kwamadini

1 UNdikhoyo wathi kuMosis:

2“Xelela uAron noonyana bakhe ukuba maze bayiphathe ngembeko iminikelo eyodwa eyahlulelwe mna ngamaSirayeli, bangalihlazisi igama lam elingcwele; kaloku mna ndinguNdikhoyo.

3Xa kuthe kwakho omnye kumlibo wenu othe lo gama anomlaza wachukumisa iminikelo eyodwa eyahlulelwe mna ngamaSirayeli, kufuneka loo mntu angaze abuye alungiselele phambi kwam. Lo myalelo mawuhlale unjalo ngalo lonke ixesha. Kutsho mna Ndikhoyo.

4“Makungabikho namnye kwinzala ka-Aron othe, lo gama anesifo esisulelayo solusu okanye evuza ubovu, atye kwiminikelo eyahlulelwe mna de abe uhlanjululwe umlaza. Umbingeleli nawuphi na uba nomlaza xa athe wachukumisa nantoni na ethe yagudlana nesidumbu, okanye yena uzingcolise ngokuzichamela ngobudoda,

5okanye uchukumise umntu nokuba sisilwanyana esinomlaza.

6Loo mbingeleli uba nomlaza kude kutshone ilanga. Kanti ke akakabi nakutya nakuwuphi na kule minikelo iyodwa de abe uwuhlambile umzimba.

7Lakuba ilanga litshonile uyahlambuluka; angandula ke ukutya kwiminikelo eyahlulelwe mna. Kukutya kwakhe oko kaloku.

8Akufuneki ayitye inyama yento efileyo okanye ebulewe ngamarhamncwa. Yomenza umlaza loo nto. Kutsho mna Ndikhoyo.

9“Bonke ababingeleli kufuneka baqhube ngale migaqo ndiyimisileyo. Kungenjalo boba netyala, baze bafe ngenxa yokudelela le miyalelo iyodwa. NdinguNdikhoyo kaloku, ndim ozahlulela bona.

10“Kuphela ngumntu ophuma kumlibo wababingeleli onako ukutya kwiminikelo eyodwa. Akukho mntu wumbi unako ukutya, nditsho nkqu nohambele umbingeleli, nkqu nomntu osisicaka esiqeshiweyo ngumbingeleli.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Kanti ke wona amakhoboka awathengileyo, okanye azalelwe kwakhe, angakutya ukutya okufunyanwa ngumbingeleli.

12Intombi yombingeleli eyendele kumntu ongenguye umbingeleli, nayo ayinakuba sakutya oko kutya.

13Kanti ke yona intombi engumhlolokazi okanye ebuya ekwendeni ingenabantwana, ize kuhlala kowayo, ixhomekeke kuyise, ingakutya ukutya okuza noyise ongumbingeleli. Ngumntu onelungelo kuphela onako ukutya oko kutya.

14“Xa kukho umntu ongenguye owomzi wombingeleli othe watya koku kutya kwababingeleli ngempazamo, kufuneka loo mntu ambuyisele umbingeleli ngokuzeleyo, ongeze ngomdliwo ngaphezulu. (Lo mdliwo woba sisinye esihlanwini.)

15Ababingeleli oku kutya kunikelwe kuNdikhoyo ngamaSirayeli maze bangakuxabheli

16ngokukunika abantu abangenalo ilungelo lokukutya. Loo nto kaloku imenzela ityala loo mntu, imzisele nesohlwayo. NdinguNdikhoyo kaloku; ndim ozahlulele ababingeleli.”

Iminikelo engamkelekiyo

17 UNdikhoyo wathi uMosis maze

18athethe noAron noonyana bakhe nakumaSirayeli ephela, athi: “Xa umSirayeli, okanye umntu wasemzini ohlala kwaSirayeli, esondeza kuNdikhoyo idini elitshiswayo, nokuba lelesithembiso asenzileyo, okanye lingumnikelo awenza eqhutywa yintliziyo,

19loo nto yokuxhelelwa idini kufuneka ingabi nasiphako. Ukuze loo nkomo, gusha okanye bhokhwe yokwenza idini yamkeleke, kufuneka ibe liduna, ingabi nasiphako.

20Xa loo nto ithe yanesiphako, ayikwamkeleka.

© 1996 Bible Society of South Africa.

21Xa umntu esondeza kuNdikhoyo idini lobudlelane, ezalisekisa isithembiso asenzileyo, okanye lingumnikelo awenza eqhutywa yintliziyo, kufuneka loo nto yokuxhelelwa idini ingabi nasiphako, ukuze yamkeleke.

22Ningaze ninikele kuNdikhoyo ngento etyhaphakileyo, okanye eqhwalelayo, okanye eyenzakeleyo, nokuba yenesilonda esibhidlayo, okanye amaqhakuva. Into enjalo ningaze niyisondeze eqongeni nenze ngayo idini elitshiswayo.

23Umntu owenza idini ngokuqhutywa yintliziyo anganikela ngenkomo okanye igusha engakhulanga okanye engamilanga kakuhle, kodwa ayinakwamkeleka xa ngaba uyinikela ukuzalisekisa isithembiso asenzileyo.

24Into emasende enzakeleyo nakanjani na ze ningamenzeli ngayo idini uNdikhoyo. Loo nto ayivumelekanga apha kweli lakowethu ilizwe.

25Kwaye ningaze nenzele uNdikhoyo idini elityiwayo ngento elolu hlobo efunyenwe kumntu welinye ilizwe. Izinto ezinjalo zithathwa njengezinto ezinesiphako; azamkeleki.”

26UNdikhoyo wathi kuMosis:

27“Xa kuzelwe ithole nokuba litakane legusha nokuba lelebhokhwe, malingathathwa kunina kude kube ziintsuku ezisixhenxe; emva koko ke lamkelekile, kungenziwa idini ngalo ngomlilo.

28Ningalenzi idini ngemazi yenkomo kunye nethole layo ngemini enye, nditsho negusha kunye netakane layo, nkqu nebhokhwe netakane layo.

29Xa nenzela uNdikhoyo idini lombulelo ze nilenze ngohlobo lokuba lamkeleke;

30ze nilitye liphele kwangaloo mini, ningashiyeli ingomso. Kutsho mna Ndikhoyo.

31“Ewe, yithobeleni imiyalelo yam; kaloku ndinguNdikhoyo.

32Ze ningalihlazisi igama lam elahlukileyo. AmaSirayeli ephela kufuneka aqonde ukuba mna ndahlukile. Kaloku ndinguNdikhoyo; ndim ozahlulela nina ukuze nibe ngcwele.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

33Kaloku ndanikhupha eJiputa, ukuze ndibe nguThixo wenu. Kutsho mna Ndikhoyo.”

Eyonqulo 23

Imisitho yezonqulo

1 UNdikhoyo wathi kuMosis

2makathethe namaSirayeli, athi: “Nantsi imisitho kaNdikhoyo emiselweyo emayaziswe ebantwini njengemibhiyozo yonqulo:

3Zintandathu iintsuku eningenza ngazo umsebenzi, kodwa ze nikhumbule ukuba umhla wesixhenxe wona ngowokuphumla. Ze ningasebenzi ngaloo mhla, koko ze nihlanganisane ninqule. UMhla wokuPhumla wona wahlulelwe uNdikhoyo, nditsho nokuba nihlala phi na.”

Umsitho wePasika kunye nesonka esinganyuswanga
(Ntlango 28:16-25)

4“Nantsi imisitho kaNdikhoyo emiselweyo, imibhiyozo yonqulo emayipapashwe ebantwini ngamaxesha ayo:

5 IPasika kaNdikhoyo iqala ukutshona kwelanga ngomhla weshumi elinesine kwinyanga yokuqala.

6Ngomhla weshumi elinesihlanu kuqala umsitho wezonka ezinganyuswanga. Kufuneka ningatyi isonka esinyuswe ngegwele kude kuphele iintsuku ezisixhenxe.

7Ngosuku lokuqala kwezi ntsuku zisixhenxe kufuneka niqokelelane nize kunqula, ningakhe nenze msebenzi.

8Ze nenze iminikelo yomlilo kuNdikhoyo ngezi ntsuku zisixhenxe, niphinde ngosuku lwesixhenxe nibe nombhiyozo wokunqula, ningasebenzi nokusebenza.”

Intlahlela yesivuno

9 UNdikhoyo wathi kuMosis

© 1996 Bible Society of South Africa.

10makathi kumaSirayeli: “Xa senifikile kwelo zwe ndininika lona, nize
ngexesha lokuvuna nizise kumbingeleli intlahlela yezithungu zengqolowa.

11Yena ke woziwanga-wangisa phambi koNdikhoyo, khon' ukuze namkeleke
kuye. Loo mnikelo umbingeleli kufuneka awenze ngomhla olandela uMhla
wokuPhumla.

12Ngale mini niwanga-wangisa ngayo isithungu sengqolowa kufuneka nenze
nedini elitshiswayo ngexhwane leduna elimnyaka mnye elingenasiphako.

13Kufuneka nenze nomnikelo womgubo wengqolowa oxutywe neoyile
yomnquma ube bunzima obuziikhilogram ezimbini. Ivumba lalo mnikelo
liyamkholisa uNdikhoyo. Kufuneka ninikele newayini engangelitha enye, ibe
ngumnikelo othululwayo.

14Nize ningayityi ingqolowa esand' ukuvunwa, nokuba ikrwada, nokuba
igcadiwe, nokuba sisonka esibhakiweyo, de kube lo mnikelo niwenzile. Lo
mmiselo maze ugcinwe nazizizukulwana zenu ngalo lonke ixesha.”

Umsitho wesivuno
(Ntlango 28:26-31)

15“Ze nibale iiveki zibe sixhenxe ukususela ngalaa mini ilandela uMhla
wokuPhumla ebeniwanga-wangisa phambi koNdikhoyo ngawo izithungu
zengqolowa.

16Kuya kuthi ke ngomhla wamashumi amahlanu, umhla osemva koMhla
wokuPhumla wesixhenxe, nizise kuNdikhoyo omnye umnikelo wolibo
lwengqolowa.

17Imizi ngemizi kufuneka ize nezonka ezibini zinikelwe kuNdikhoyo, zibe
ngumnikelo owanga-wangiswayo. Isonka ngasinye kufuneka senziwe
ngomgubo wengqolowa obunzima buziikhilogram ezimbini, sinyuswe
ngegwele, size sinikelwe kuNdikhoyo njengolibo lwesivuno sengqolowa.

18Ezi zonka ziya kukhatshwa ngamaxhwane asixhenxe amnyaka mnye
akhutshwa ngumzi wakwaSirayeli, kwakunye nenkunzi yenkomo eselula,
kunye neebhokhwe ezimbini, kungabikho nanye inesiphako kuzo. Zoba lidini

© 1996 Bible Society of South Africa.

elitshiswayo elihamba kunye neminikelo yengqolowa neyewayini. Ivumba lalo mnikelo liyamkholisa uNdikhoyo.

19Makwenziwe idini lesono ngeduna lebhokhwe, kunye nedini lobudlelane ngamaxhwane amabini angamaduna amnyaka mnye.

20Umbingeleli wosondeza isonka kunye namaxhwane amabini, zibe ngumnikelo owanga-wangiswa kuNdikhoyo. Le yiminikelo eyenzelwa uNdikhoyo ize yahlulelwe ababingeleli.

21Ngale mini nize ningasebenzi, koko ze nipapashe umbhiyozo wonqulo. Lo mmiselo kufuneka ugcinwe nazizizukulwana zenu naphi na apho zihlala khona.

22“Xa nivunayo nize ningafikeleli kumlimandlela, ningakhwahlazi nandawoni na emasimini. Ukukhwahlaza kuyekeleni amahlwempu nabantu basemzini. Kaloku ndinguNdikhoyo uThixo wenu. ”

Umsitho wonyaka omtsha
(Ntlango 29:1-6)

23-24“Umhla wokuqala wenyanga yesixhenxe mawube ngumhla owodwa eniphumlayo ngawo; kufuneka nibe nombhiyozo wonqulo lakuhlokoma ixilongo.

25Ze nenzele uNdikhoyo umnikelo ngomlilo, ningaphathi msebenzi konke.”

UMhla wokuCamagusha
(Ntlango 29:7-11)

26-27“Umhla weshumi kwinyanga yesixhenxe ngumhla wokungxengxezela izono zabantu. Ngaloo mini ze ningatyi nto konke; ze nibe nentlanganiso yonqulo, ninikele umnikelo kuNdikhoyo ngomlilo.

28Ningakhe nisebenze ngaloo mini; kaloku ngumhla wokucamagushela izono kuNdikhoyo uThixo wenu.

29Umntu oya kuthi atye ngaloo mini uya kusikwa phakathi kwabantu bakaThixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

30Xa kukho othe wasebenza ngaloo mini mna Ndikhoyo ngokwam ndomcima igama.

31Lo mmiselo maze ugcinwe nazizizukulwana zenu, nditsho naphi na apho zihlala khona.

32Ukususela ukutshona kwelanga ngomhla wesithoba kude kutshone ilanga ngomhla weshumi lo mhla ze niwuthathe njengomhla owodwa wokuphumla, ekungayi kutyiwa nto ngawo konke.”

Umsitho wamaphempe
(Ntlango 29:12-40)

33-34“Umsitho wamaphempe uqala ngomhla weshumi elinesihlanu wenyanga yesixhenxe, uqhube kude kuphele iintsuku ezisixhenxe.

35Ngosuku lokuqala lwezi ntsuku nize nibe nombhiyozo wonqulo, ningasebenzi konke.

36Yonke le mihla isixhenxe ze ninikele kuNdikhoyo ngomlilo, niphinde nibe nombhiyozo wonqulo ngosuku lwesibhozo, nenze nomnikelo ngomlilo. Lo mhla ngumbhiyozo, yaye kufuneka ningasebenzi konke.

(37“Yiyo ke le imisitho emiselweyo eniya kuthi ngayo nipapashe imibhiyozo yonqulo, nisondeze kuNdikhoyo iminikelo yomlilo, namadini atshiswayo, neminikelo eziinkozo, nayo iminikelo yewayini. Konke oku kuya kuthi kufuneke ngemini nganye.

38Le misitho yongezelelwe kwiMihla yokuPhumla eqhelekileyo, futhi nale minikelo ixeliweyo yongezelelwe kwiminikelo yenu yesiqhelo, enidla ngokuyenza ngenxa yesithembiso, okanye eniyinikela kuNdikhoyo ngokuqhutywa yintliziyo.)

39“Xa senivunile lo msitho wenzeni iintsuku zibe sixhenxe ukususela kumhla weshumi elinesihlanu wenyanga yesixhenxe. Usuku lokuqala kufuneka lube ngumhla owodwa eniphumla ngawo.

40Ngaloo mini khethani ezona zihle iziqhamo emithini, niphathe amasundu namasebe ahlakahlaka, nize nenzele uThixo uNdikhoyo umbhiyozo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

41Minyaka le ze nibhiyoze iintsuku zibe sixhenxe. Ngummiselo omaze
ugcinwe nazizizukulwana zenu.

42Kufuneka onke amaSirayeli ncam ahlale emaphempeni iintsuku zibe
sixhenxe,

43khon' ukuze zazi izizukulwana zenu ukuba uNdikhoyo wawahlalisa
emaphempeni amaSirayeli ukuwakhupha kwakhe eJiputa. Nguye kaloku
uNdikhoyo uThixo wenu."

44Wenjenjalo ke uMosis ukuxelela amaSirayeli imimiselo yokugcina imisitho
kaNdikhoyo.

Eyonqulo 24

Izibane
(Mfud 27:20-21)

1 UNdikhoyo wathi kuMosis:

2"Gqithisela lo myalelo kumaSirayeli, uthi kufuneka azise ioyile yomnquma
ecwengileyo, ize isetyenziswe kwizibane zesibingelelo ekufuneka zisoloko
zivutha.

3Yonke imihla ukutshona kwelanga kufuneka uAron azikhanyise zivuthe kude
kuse phaya phambi komkhusane welona gumbi lingcwele, elo linetyesi
enobungqina bomnqophiso. Lo mmiselo kufuneka ugcinwe rhoqo nakwixesha
elizayo.

4UAron kufuneka azinonelele izibane ezikwisiphatho esenziwe ngegolide
ecwengileyo, zihlale zivutha qho ngaphambi koNdikhoyo."

Izonka ezahlulelwe uThixo

5"Kufuneka kwenziwe izonka ezilishumi elinambini ngomgubo ocoliweyo
wengqolowa obunzima buziikhilogram ezilishumi elinambini.

6Ezo zonka mazidweliswe ngemiqolo emibini, zibe zithandathu kumqolo
ngamnye, zibekwe phezu kwetafile eqatywe ngegolide ecwengileyo emi
phambi koNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

7Makubekwe iinkozo zesiqhumiso kuludwe ngalunye zibe ngumnikelo wokutya okunikelwa kuNdikhoyo endaweni yezonka.

8Ezi zonka kufuneka zibekwe phambi koNdikhoyo qho ngeMihla yokuPhumla. Kufuneka awenze rhoqo amaSirayeli lo mmiselo nakumaxesha azayo.

9Ezi zonka ziya kuba zezika-Aron noonyana bakhe. Kufuneka bazityele endaweni eyodwa, kuba kaloku sisabelo sababingeleli esithathwe kwiminikelo enikelwa kuNdikhoyo ngomlilo."

Isohlwayo sokunyelisa

10-11Kwakukho mfo uthile oyise wayengumJiputa, unina yena engumSirayeli ogama lalinguShelomiti owayeyintombi kaDibri wesizwe sakwaDan. Lo mfo ke waxabana nomSirayeli. Emsindweni wakhe wanyelisa noNdikhoyo ngesithuko, waza ke wasiwa kuMosis,

12wagcinwa ngabalindi, kwaza kwalindelwa kuNdikhoyo ukuba avakalise ebantwini into emayenziwe ngaloo mfo.

13Wathi uNdikhoyo kuMosis:

14"Yikhuphele ngaphandle komzi laa ndoda, aze wonke ubani oyivileyo inyelisa abeke isandla sakhe entloko yayo. Emva koko ke umnyelisi lo makaxulutywe ngamatye libandla liphela, ade afe.

15Uze ke uwaxelele amaSirayeli, uthi: 'Nabani na onyelisa uThixo uya kuyaleka,

16kuba uya kubulawa. Wonke ubani onyelisa uNdikhoyo, nokuba ngumSirayeli, nokuba ngumntu wasemzini omi kwaSirayeli, kufuneka axulutywe ngamatye libandla liphela.'

17"Wonke ubani obulala omnye umntu kufuneka abulawe naye.

18Umntu obulele imfuyo yomnye umntu kufuneka ayivuse.

19"Umntu owenzakalisa omnye umntu, nokuba umenza ntoni na, naye uya kwenziwa kwaloo nto.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

20Ukuba umaphule ithambo, naye uya kwaphulwa ithambo. Ukuba umtyhaphaze iliso, naye uya kutyhatshazwa iliso. Ukuba umaphule izinyo, nelakhe izinyo lokwaphulwa. Nokuba umenzakalisa njani na omnye umntu, naye uya kwenziwa kwaloo nto ayenze komnye.

21Umntu obulele imfuyo yomnye kufuneka ayivuse. Kodwa umntu obulala omnye umntu kufuneka abulawe naye.

22Le miyalelo iniquka nonke, nditsho umSirayeli nomntu wasemzini ophakathi kwamaSirayeli. Kaloku ndim uNdikhoyo uThixo wenu."

23Akuba enjenjalo ke uMosis, amaSirayeli amkhuphela ngaphandle komzi umnyelisi lowo, amxuluba ngamatye wada wafa. Enjenjalo ke amaSirayeli ethobela uNdikhoyo ngokomlomo kaMosis.

Eyonqulo 25

Unyaka wesixhenxe
(Hlaz 15:1-11)

1 UNdikhoyo wathetha noMosis entabeni yeSinayi wamyalela

2ukuba makanike amaSirayeli le mimiselo, athi: "Xa senifikile kwelo lizwe nilinikwa nguNdikhoyo, nomhlaba ngokwawo mawube nethuba lokuphumla ukuhlonela uNdikhoyo.

3Kwiminyaka emithandathu nohlwayela, nithene imidiliya, nivune nokuvuna.

4Unyaka wesixhenxe ke wona mayibe ngunyaka wokuphumza umhlaba, unyaka owahlulelwe uNdikhoyo. Ngawo ke nize ningalimi, ningayitheni nemidiliya.

5Ingqolowa ezikhulelayo ingahlwayelwanga nize ningayivuni, neediliya ezivela ingathenwanga imidiliya ningayivuni. Kaloku lo ngunyaka wokuphumza umhlaba.

6"Nokuba anilimanga ngaloo nyaka, umhlaba wona wovelisa ukutya okwanele nina, namakhoboka enu, kunye nezicaka zenu, nabantu basemzini abaphakathi kwenu,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7nemfuyo yenu, kwakunye nezilwanyana zasendle. Kungátyiwa ke konke ukutya okuvelayo. ”

Unyaka wobuyiselo

8Ze nibale iminyaka yokuphumza umhlaba ibe sixhenxe – oko kukuthi iminyaka esixhenxe niyiphinda-phinde kasixhenxe. Loo nto yenza amashumi amane anethoba leminyaka.

9Kuya kuthi ke ngomhla weshumi wenyanga yesixhenxe, uMhla wokuCamagusha, nithume indoda ilityhutyhe lonke, ivuthela ixilongo.

10Niya kuwahlula ngale ndlela ke unyaka wamashumi amahlanu, nivakalise inkululeko kulo lonke ilizwe kubo bonke abemi. Ngalo nyaka umntu ngamnye makabuyele kumhlaba wakowabo nakubantu bakowabo.

11Ze ningahlwayeli emasimini, ningayivuni ingqolowa nediliya ezikhulelayo.

12Lo nyaka wonke mawube ngunyaka owodwa wenkululeko. Nokha nje into ezihlumelayo kuphela.

13“Ngalo nyaka wobuyiselo yonke imihlaba ebithengisiwe kufuneka ibuyiselwe kumniniyo wokuqala.

14Ngoko ke xa nithengisela amanye amaSirayeli umhlaba, okanye nithenga umhlaba wawo, ze nigenzi maqhinga.

15Ngoko ke ixabiso enilibizayo malibalwe lifanelane neminyaka loo mhlaba uza kulinywa ngayo kude kube ngunyaka wobuyiselo ozayo.

16Xa iminyaka eseleyo isemininzi, ixabiso kufuneka linyuke; kodwa ukuba imbalwa, kufuneka lihle ixabiso lawo. Kaloku eyona nto kuthengiswa yona linani lesivuno esinokuphuma kuloo mhlaba.

17UmSirayeli angaze amqhathe uwabo, koko moyikeni uNdikhoyo uThixo wenu.”

Ingxaki yonyaka wesixhenxe

18“Yithobeleni yonke imimiselo nemithetho yam, khon' ukuze nihlale kweli lizwe ningenaxhala.

© 1996 Bible Society of South Africa.

19Wona umhlaba wovelisa iziqhamo zawo, nitye nihluthe, nihlale kakuhle.

20“Ubani usenokuthi: ‘Kuza kutyiwa ntoni ngalo nyaka wesixhenxe xa kungalinywayo, kungavunwayo nokuvunwa?’

21Ndowusikelela umhlaba kunyaka wesithandathu, khon' ukuze uvelise ngokwanele iminyaka emithathu.

22Xa nilimayo ngonyaka wesibhozo noba nisatya ukutya ebenikuvune ngonyaka wesithandathu. Yaye noba nokutya okwaneleyo kude kuvunwe izilimo zalowo nyaka.”

Ukhululo-mhlaba

23“Umhlaba wenu mawungathengiswa ngokupheleleyo, kuba kaloku awungowenu, ngowam; nina ningabantu basemzini nje abanemvume yokuwusebenzisa.

24“Xa uthengisiwe umhlaba, umniniwo makabe nelungelo lokuphinda awukhulule.

25Xa umSirayeli athe wahlwempuzeka, aze ke anyanzeleke ukuba awuthengise umhlaba wakhe, mawukhululwe sisizalwana sakhe ncam.

26Umntu ongenasizalwana singawukhululayo angawukhulula ngokwakhe ukuba ubuye wahluma.

27Xa kunjalo ke kufuneka ahlawule laa mntu ubewuthengile imali elingene neminyaka eseleyo ngaphambi kokufika konyaka wobuyiselo, aze abuyiselwe umhlaba kwangoko.

28Xa engenamali ngokwaneleyo yokuwukhulula, uba ngowalaa mntu wayewuthengile kude kube ngunyaka wobuyiselo. Kufuneka ke ubuyiselwe kumniniwo ngaloo nyaka, aphinde aye kuhlala kuwo.

29“Xa kukho umntu othengisa ngendlu esesixekweni esibiyelwe ngodonga, loo mntu unalo ilungelo lokuphinda awukhulule loo mzi wakhe kunyaka wokuqala.

© 1996 Bible Society of South Africa.

30Kodwa ke ukuba akaphindanga awukhulule ngaloo nyaka, ilungelo lakhe liyaphela, uze loo mzi ube ngowalaa mntu wayewuthengile, ube lilifa labantwana bakhe. Nangonyaka wobuyiselo awusokuze wona ubuyiselwe.

31Yona imizi esezidolophaneni ezingabiyelwanga, iyafana nje naleya yomhlaba inkqubo yayo. Umnini-mzi unelungelo lokuphinda awukhulule, yaye kufuneka abuyiselwe ngonyaka wobuyiselo.

32AbaLevi bona banelungelo nanini na lokuphinda bayikhulule imizi yabo esezidolophini zabo.

33Xa kukho indlu ethengiswa ngumLevi edolophini yabo, ize ingakhululwa nguye kwakhona, kufuneka ibuyiselwe kumniniyo ngonyaka wobuyiselo; kaloku izindlu zabaLevi ezidolophini zabo zililifa labo.

34Wona amadlelo angqinge imizi yabaLevi makangaze athengiswe; alilifa labantwana babo."

Ukuboleka amahlwempu

35"Xa umSirayeli wakuni omelene nawe ehlwempuzeka, kufuneka umxhase njengoko ufanele ukwenza kumngeneleli noxhwarhileyo, ukuze ahlale emelene nawe.

36Uze ungambizi mdliwo; moyike uThixo wakho, khon' ukuze umSirayeli wakuni amelane nawe.

37Ungamhlawulisi nzala ngemali omboleke yona, ungenzi mdliwo ngokutya omthengisele kona.

38Lo ngumyalelo wam mna Ndikhoyo uThixo wenu owanikhulula eJiputa, ndaza ndaninika ilizwe laseKanana, ndaba nguThixo wenu."

Ukhululo-makhoboka

39"Xa umSirayeli omelene nawe ehlwempuzeke kangangokude azithengise abe likhoboka lakho, uze ungamsebenzisi okwekhoboka.

40Kufuneka ahlale nawe njengomqeshwa okanye njengoxhwarhileyo, akukhonze de kufike unyaka wobuyiselo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

41Ngelo xesha ke womkhulula abuyele kowabo kunye nentsapho yakhe, aye kumhlaba wooyise.

42AmaSirayeli zizicaka zam wona, ndim owawakhupha eJiputa; akufuneki ke athengiswe abe ngamakhoboka.

43Ze ningawaphathi gadalala; kaloku mhloneleni uThixo wenu.

44Amakhoboka wathengeni kwezinye iintlanga eziningqongileyo.

45Ningabathenga abantu abaxhwarhe phakathi kwenu, ngokunjalo nabezizwe zasemzini abazalelwe kwilizwe lakowenu. Abanjalo ningabathenga,

46nibashiye babe lilifa labantwana benu, babe ngamakhoboka abo bonke ubomi babo. Kodwa amaSirayeli wona ningawaphathi gadalala.

47“Xa kukho umngeneleli okanye umxhwarhi othe wahluma, watyeba, ze umSirayeli abe lihlwempu azithengise kuloo mntu, okanye kwisizalwana sakhe,

48naxa selethengiwe, ilungelo lakhe lokubuya akhululwe ngamawabo usenalo. Usenako ukubuya akhululwe ngumntakwabo,

49okanye uyisekazi, okanye umzala wakhe, nasiphi na isihlobo sakhe. Ukanti naye xa athe waphinda wahluma angazikhulula.

50Kufuneka adibane nalowo umthengileyo, baze babale iminyaka ukususela ekuzithengiseni kwakhe kude kube ngunyaka wobuyiselo, baze bagqibe ngexabiso elingangemali ehlawulwa umqeshwa yonke loo minyaka.

51-52Ukuzikhulula kufuneka abuyise icandelo lexabiso awayethengwe ngalo lilingane neminyaka esaseleyo. Ukuba iminyaka eshiyekileyo ukuya kunyaka wobuyiselo mininzi, kufuneka intlawulelo inyuke, ize xa imbalwa ihle.

53Kaloku makuthathwe ngathi yena ebengumqeshwa ohlawulwa ngonyaka. Nto nje inkosi yakhe mayingamphathi gadalala.

54Ukuba akahlawulelwanga okanye azihlawulele, kufuneka yena nabantwana bakhe bakhululwe kunyaka wobuyiselo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

55UmSirayeli akanakusoloko elikhoboka. Kaloku amaSirayeli zizicaka zam. Ndim owawakhupha eJiputa, mna Ndikhoyo uThixo wenu.”

Eyonqulo 26

Umvuzo wokuthobela
(Hlaz 7:12-24; 28:1-14)

1 UNdikhoyo wathi: “Ze ningazenzeli izinto nizinqule, ningaqingqi imifanekiso, okanye nimise iintsika zamatye, nikrole namatye, ze nijike nizinqule ezo zinto. Ndim uNdikhoyo uThixo wenu.

2Nina gcinani iMihla yam yokuPhumla, niyihlonele indawo endinqulwa kuyo. Kaloku ndim uNdikhoyo.

3“Xa nisenza ngokwemimiselo yam, niyithobela imiyalelo yam,

4ndiya kunipha imvula ngexesha, uze umhlaba wenu uvelise isivuno, nemithi ithwale iziqhamo.

5Ngexesha enivuna iidiliya niya kuba nisabhula ingqolowa, kwaye iidiliya niya kuzivuna kude kufike ixesha lokuhlwayela ingqolowa kwakhona. Niya kutya nihluthe, nihlale ngokonwaba elizweni lenu.

6“Ndiya kuzisa uxolo elizweni lenu, nilale ubuthongo obumnandi ningaxhalelanga bani. Amarhamncwa ndowaphelisa kwilizwe lenu, yaye akuyi kube kubekho mfazwe.

7Utshaba lwenu noluswantsulisa, nilutyakatye ngekrele.

8Isihlanu nje samadoda enu siya kulichitha-chitha ikhulu lamadoda; ukanti lona ikhulu lamadoda liswantsulise ishumi lamawaka. Ewe, iintshaba zenu nozibhuqa.

9Ndiya kuba nani, ndinenze nichume nande, niwugcine umnqophiso endawenzayo nani.

10Soba yintaphane isivuno senu, nikulahle ukutya okudala ukwenzela isivuno esitsha indawo koovimba benu.

11Mna ndohlala ndihleli phakathi kwenu, ndingaze ndikruquke nini.

© 1996 Bible Society of South Africa.

12Ndoba nani, ndibe nguThixo wenu, nina nibe ngabantu bam.

13Ndim mna Ndikhoyo uThixo wenu owanikhupha eJiputa ukuze ningabi ngamakhoboka ayo. Ndayaphula loo dyokhwe yobukhoboka, ndanenza abantu abaneqhayiya nebhongo.”

Isohlwayo sokungathobeli
(Hlaz 28:15-68)

14Ubuye wathi uNdikhoyo: “Xa ningandiphulaphuli, ningayithobeli imiyalelo yam,

15naxa nisala ukuthobela imimiselo nemithetho yam, niwutyeshela nomnqophiso endawenza nani,

16ndiya kunohlwaya. Ndonihlisela izibetho: izifo ezinganyangekiyo, nemikhuhlane eya kunitsho nityhaphake, ingcungcuthekise ubomi benu. Ewe, niya kulima, kodwa kungancedi nto, kuba utshaba luya kunifikela, lunichitha-chithe, lusidle isivuno eso.

17Ndonishiya ukuze noyiswe, nize nilawulwe ziintshaba zenu ezithiyekileyo. Noba ngamaphaku-phaku abaleka engasukelwa bani.

18“Xa ke, emva kwayo yonke loo nquleqhu, nithe anandithobela, ndosongeza isohlwayo ngokuphindwe kasixhenxe.

19Ndozikhama ezo nkanana zenu. Izulu ndolivala: aniyi kufumana mvula; umhlaba wenu uya kutsha ube ngumqwebedu.

20Niya kubila nisebenzela ilize; kaloku akuyi kuhluma nto kuloo mhlaba, nkqu nemithi ayiyi kuthwala nto.

21“Xa ningagobiyo, ningeva nangoku, ndiya kuphinda ndizongeze ngokuphindwe kasixhenxe izibetho zenu.

22Ndofaka amarhamncwa phakathi kwenu; aya kuqwenga abantwana benu, atshabalalise nemfuyo yenu, awathobe amanani enu, kutsho kungabikho mhambi ubonwa ehamb' indlela.

23“Xa nisandidela ningeva nangoku, nazingisa ukundichasa,

© 1996 Bible Society of South Africa.

24ndophinda ndinohlwaye kakhulu kunakuqala ngokuphindwe kasixhenxe.

25Ndonohlwaya ngokunizisela imfazwe ngokuwaphula kwenu umnqophiso, nithi xa nibalekela ezixekweni zenu nizimela khona, ndilandelise ngobhubhani, ndininikezele kwiintshaba zenu.

26Xa ndikunciphisa ukutya kwenu, isonka sobhakwa ngabafazi abalishumi kwiziko elinye qha, size sicakacwe. Kanti nohlala nilambile naxa nityile.

27“Xa nithe kuyo yonke le nto nazingisa ukundichasa ningeva,

28ndiya kuthi ngomsindo ndinijikele ndinohlwaye ngokuphindwe kasixhenxe kunakuqala.

29Niya kulamba, nilambe nide nidle abantwana benu yindlala.

30Iindawo ezisezindulini eninqula kuzo ndozidiliza, ndiwachithe amaqonga enu esiqhumiso, izidumbu zenu ndizifumbe phezu kwaloo mifanekiso iqingqiweyo, kuba kaloku ndokruquka nini ngokupheleleyo.

31Ndozidiliza ngomsindo zibe ngamabhodlo izixeko zenu, ndizichithe iindawo eninqulela kuzo, ndingawamkeli amadini eniwanikela kum.

32Ilizwe lenu ndolitshabalalisa liphele tu, kude kothuke notshaba olwalihlutha kuni.

33Ndonizisela imfazwe, inichithe nibe ziintsalu kumazwe ngamazwe. Ilizwe lenu loba yintlango, nezixeko zenu zibe ngamabhodlo.

34-35Kuya kuthi ke emva koko kubekho kwelo zwe iminyaka yokuphumza umhlaba obe ungasaphunyuzwa. Kaloku uya kushiyeka uxhamle iminyaka yokuphumla, lo gama nina nithe saa kwamanye amazwe.

36“Abo benu bathe saa emazweni ndobenza amaphaku-phaku aphaphathekiswa naligqabi liphetshethwa ngumoya. Bophaphatheka babaleke ngathi bayasukelwa edabini, babe zizinto eziwa kungekho tshaba luziwisayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

37Niya kugilana nibaleka ningasukelwa mntu, ningabi nako nokumelana notshaba.

38Nofela emazweni, nibe lixhoba lomhlaba weentshaba zenu.

39Elo qaqobana liseleyo lona longcungcutheka, livikiveke ngenxa yesono senu nesooyihlo-mkhulu.

40“Ke yona intsalela yenu yozohlwaya ngesono sayo nesookhokho bayo abandidelayo, bandivukela,

41bandenza ndabafulathela, ndabadingisa emazweni eentshaba zabo. Kuya kuthi ke xa aba bantu bezithobile, bazohlwaya ngesono sabo sokundivukela,

42nam ndikhumbule umnqophiso wam kuYakobi, nakuIsake, nakuAbraham, ndize ke ndisihlaziye isithembiso sokubanika ilizwe elilelabo abantu bam.

43Ngalo lonke eli xesha umhlaba woba ungenamntu, uze uxhamle iminyaka yawo yokuphumla. Kaloku abantu bekufuneka bohlwaywe ngesenzo sokudela imithetho yam nemimiselo yam.

44Kanti ke nangoku beselizweni leentshaba zabo, andiyi kubancama okanye ndikruquke ngabo kangangokuba ndibatshabalalise kuphele. Loo nto ingawuphelisa kaloku umnqophiso wam kubo; ibe ke ndim uNdikhoyo uThixo wabo.

45Kodwa ndowuhlaziya umnqophiso endawenzayo kookhokho babo, xa ndandibonisa iintlanga zonke amandla am ngokukhupha abantu bam eJiputa, ndisenzela ukuba mna Ndikhoyo ndibe nguThixo wabo.”

46Yonke ke le yimithetho nemimiselo nemigaqo eyanikwa uMosis nguNdikhoyo entabeni yeSinayi ukuba ayigqithisele kumaSirayeli.

Eyonqulo 27

Amaxabiso okhululo

1 UNdikhoyo wathi uMosis

© 1996 Bible Society of South Africa.

2makathi kumaSirayeli: “Xa kukho umntu obenikelwe kuNdikhoyo ngenxa yesifungo esithile, loo mntu angakhululeka xa kuhlawulwe ixabiso elifanelekileyo.

3Ngomntu oyindoda obudala buphakathi kwamashumi amabini namashumi amathandathu kukhutshwa iingqekembe zesiliva ngokomlinganiselo wasesibingelelweni ezimashumi mahlanu.

4Ngomntu obhinqileyo oyile ntanga ngamashumi amathathu.

5Ngenkwenkwe eminyaka mihlanu kude kuye kumashumi amabini kukhutshwa amashumi amabini eengqekembe zesiliva. Ngentombazana lishumi leengqekembe elikhutshwayo.

6Ngenkwenkwe elusana olungaphantsi kweminyaka emihlanu kukhutshwa isihlanu seengqekembe zesiliva. Ezikhutshwa ngomntwana oyintombazana ziba ntathu.

7Ngendoda engaphezu kwamashumi amathandathu ubudala kukhutshwa ishumi elinesihlanu, kuthi ngomfazi okwangako zibe lishumi.

8Ke xa loo mntu ubenze isifungo engenako ukukhupha ngokomlinganiselo ovunyiweyo, kufuneka eze naloo mntu kumbingeleli, aze ke umbingeleli alithobe ixabiso libe ngangamandla aloo mntu kufuneka ehlawule.

9“Xa isifungo ebesenziwe siphathelele kwinto exhelwayo eyamkelekayo ukwenzela uNdikhoyo umnikelo, loo nto sisipho esisodwa,

10yaye ke loo mntu wenze isifungo akanako ukunikela ngenye into exhelwayo endaweni yaleyo, nokuba yelungileyo endaweni yengalunganga, okanye engalunganga endaweni yelungileyo. Xa athe wayenza loo nto, ziya kuba zezikaNdikhoyo zombini ke ezo zinto.

11Kodwa xa ebethembise ngokunikela ngento engàtyiwayo, kufuneka loo mntu ayise kumbingeleli loo nto inikelwayo.

12Yena ke umbingeleli womisa ixabiso layo ngangokulunga nokungalungi kwayo. Elo xabiso ke aliyi kuphikiswa mntu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Xa loo mntu uyizisileyo efuna ukuyikhulula, kufuneka ahlawule elo xabiso, ongezelele nomdliwo. (Lo mdliwo woba sisinye esihlanwini.)

14“Xa kukho umntu onikela ngendlu yakhe kuNdikhoyo umbingeleli uya kuyixabisa ngokulunga nokungalungi kwayo. Elo xabiso aliyi kujikwa mntu.

15Xa lo mntu obenikele ngendlu yakhe efuna ukuyikhulula, wohlawula ixabiso layo nomdliwo ngaphezulu. (Lo mdliwo woba sisinye esihlanwini.)

16“Xa kukho umntu onikela kuNdikhoyo ngenxenye yomhlaba wakhe, ixabiso lawo loba ngangobunzima bembewu efakwa kuwo. Umlinganiselo woba ziingqekembe ezilishumi zesiliva ngeekhilogram ezingamashumi amabini zengqolowa.

17Kodwa xa lo mhlaba ewunikela kanye ngonyaka wobuyiselo, kufuneka afumane ixabiso lawo elizeleyo.

18Xa ewunikela emva koko ngumbingeleli oya kubala ixabiso lemali emayihlawulwe ngangeminyaka eseleyo ukuya kunyaka wobuyiselo ozayo, aze amise ixabiso elithotyiweyo.

19Xa loo mntu ubenikele ngaloo mhlaba efuna ukuwukhulula, kufuneka ahlawule elo xabiso, abuye ongeze nomdliwo. (Lo mdliwo woba sisinye esihlanwini.)

20Xa athe wawuthengisa komnye umntu loo mhlaba, engekabuyi awukhulule, uya lahlekelwa lilungelo lakhe lokubuya awukhulule.

21Ngonyaka wobuyiselo loo mhlaba uya kuba ngokaNdikhoyo, ube lilifa lababingeleli.

22“Xa kukho umntu onikela ngentsimi abeyithengile ingelilo ilifa lakhe,

23kufuneka ixabiso layo umbingeleli alibale ngeminyaka eseleyo ukuya kunyaka wobuyiselo, yaye loo mntu yena kufuneka loo mali ayihlawule kwangaloo mini. Kaloku loo mali yekaNdikhoyo.

24Ngonyaka wobuyiselo loo ntsimi kufuneka ibuyiselwe kulaa mntu abeyithenge kuye.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

25“Onke amaxabiso kufuneka amiswe ngokomlinganiselo ovunyiweyo wasesibingelelweni.

26“Izibulo layo yonke into efuyiweyo selilelikaNdikhoyo; ke makungabikho bani wenza umnikelo ngalo ngenxa yesifungo asenzileyo. Ithole, itakane, ixhwane, konke oko kokukaNdikhoyo,

27kodwa lona izibulo lento engàtyiwayo lingáthengwa ngexabiso lomlinganiselo ovunyiweyo, kongezwe nomdliwo ngaphezulu. (Lo mdliwo woba sisinye esihlanwini.) Xa lingakhange lithengwe ngumninilo lingáthengiswa komnye umntu ngexabiso elivunyiweyo.

28“Akukho bani unokuthengisa okanye unokukhulula into eyahlulelwe uNdikhoyo ngokupheleleyo. Nditsho nokuba loo nto ngumntu, nokuba yinto efuywayo, nokuba ngumhlaba. Loo nto yekaNdikhoyo qwaba.

29Nditsho nomntu onikelweyo akanakubuya akhululwe; kufuneka abulawe.

30“Isishumi sayo yonke imveliso yomhlaba, nokuba loo mveliso iziinkozo, nokuba ziziqhamo, yonke loo nto mayahlulelwe uNdikhoyo; yeyakhe.

31Xa kukho umntu ofuna ukukhulula inxenye yesishumi sakhe kufuneka ahlawule ixabiso elivunyiweyo, abuye ongezelele nangomdliwo. (Lo mdliwo woba sisinye esihlanwini.)

32Kwimpahla efuyiweyo, nakanjani na enye kwezilishumi mayabelwe uNdikhoyo. Xa kubalwa imfuyo enye kwishumi ngalinye mayabelwe uNdikhoyo.

33Umnini-mfuyo makangakhethi phakathi kwelungileyo nengalunganga imfuyo, okanye angatshintshisi. Xa enze loo nto ezo zinto zombini ziya kuba zezikaNdikhoyo; azinakube zikhululwe kuye. ”

34Yiyo ke le imiyalelo awayinikwa nguNdikhoyo uMosis entabeni iSinayi ukuba ayigqithisele kumaSirayeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Eyasentlango

Eyasentlango 1

Ubalo lokuqala eSinayi

1Ke kaloku kwathi amaSirayeli eselapho kwintlango yeSinayi uNdikhoyo wathetha noMosis esesibingelelweni. Lo ke yayingumhla wokuqala wenyanga yesibini kunyaka wesibini amaSirayeli andulukayo eJiputa. Wamyalela wenjenje:

2-3"Wena noAron yenzani ubalo, niwabale onke amaSirayeli ngokwezindlu nemizi yawo. Ewe, balani onke amadoda ayintanga yokuphuma aye emfazweni, oko kukuthi lawo akumashumi amabini eminyaka nangaphezulu.

4Kwindlu nganye thathani inkulu inincedise."

5-15Nanga ke amagama ezo nkulu zakhethelwa lo msebenzi:

Indlu	*Inkulu*
KwaRubhen	uElizure kaShedeyure
KwaSimon	uShelumiyeli kaZurishadayi
KwaJuda	uNashon ka-Aminadabhi
KwaIsakare	uNataniyeli kaZuware
KwaZebhulon	uEliyabhi kaHelon
KwaEfrayim (kaJosefu)	uElishama ka-Amihudi
KwaManase (kaJosefu)	uGamaliyeli kaPedazure
KwaBhenjamin	uAbhidan kaGidiyoni
KwaDan	uAhiyezere ka-Amishadayi
Kwa-Ashere	uPagiyeli kaOkran
KwaGadi	uEliyasafu kaDuweli
KwaNafetali	uAhira kaEnan

16Ngawo ke la amadoda âkhethwáyo ebandleni beziinkulu zezindlu zakowawo, izindlu zakwaSirayeli ukutsho.

© 1996 Bible Society of South Africa.

17UMosis noAron ke benala madoda

18bawaqokelela onke amaSirayeli ngomhla wokuqala kwinyanga yesibini, baza bawabala ngokwezindlu nemizi yawo. Bawabhalisa bawabala onke amadoda akumashumi amabini eminyaka nangaphezulu

19ngokomlomo kaNdikhoyo kuMosis. Le nto ke yenzeka kwintlango yeSinayi.

20-46Ke kaloku onke amadoda ayintanga yokuya emfazweni, lawo aneminyaka emashumi mabini nangaphezulu, abhaliswa ngokwezindlu nemizi yawo, kuqalelwa kwaRubhen inkulu kaSirayeli. Ngokwamanani kwindlu nganye ayemi ngolu hlobo:

Indlu	*Inani*
KwaRubhen	46.500
KwaSimon	59.300
KwaGadi	45.650
KwaJuda	74.600
KwaIsakare	54.400
KwaZebhulon	57.400
KwaEfrayim kaJosefu	40.500
KwaManase kaJosefu	32.200
KwaBhenjamin	35.400
KwaDan	62.700
Kwa-Ashere	41.500
KwaNafetali	53.400
Bebonke:	603.550

47Yona indlu yakwaLevi zange ibalwe,

48kuba uNdikhoyo wayemyalile uMosis wathi:

49“Xa ubala amadoda afanele imfazwe uze ungababandakanyi abaLevi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

50Ndaweni yaloo nto bona uze ubamisele umsebenzi wesibingelelo. Kuya kuxhomekeka kubo ukufuduswa kwesibingelelo ndawonye nomsebenzi waso. Futhi ke apho simise khona siya kungqongwa kwangabo.

51Nanini na nifuduka, isibingelelo sona siya kuxhomekeka kubaLevi. Ngabo abaya kusichitha xa nindulukayo, baze baphinde basakhe apho nimise khona. Ngoko ke umntu ongomnye osondela esibingelelweni makabulawe.

52Amanye amaSirayeli la aya kuma ngokwezindlu zawo, amathile ephantsi kwembasa yawo.

53Ke bona abaLevi ukuma kwabo baya kuphahla isibingelelo esiqulethe ubungqina bomnqophiso, basaluse, khon' ukuze kungabikho bani usondelayo kuso, avusele amaSirayeli umsindo wam."

54Ngenene ke amaSirayeli enza ngokomyalelo kaNdikhoyo kuMosis.

Eyasentlango 2

AmaSirayeli ngezindlu zawo

1Nantsi imiyalelo eyanikwa uMosis noAron nguNdikhoyo:

2"Kolu hambo lwenu apho nimisa khona hlalani ngolu hlobo: Indoda nganye mayime kummandla wembasa yakowayo phantsi kwentshinga kayise. Ukuma kwawo amaSirayeli makajikeleze isibingelelo.

3-9"Kwicala lasempuma kuya kuma abembasa yendlu kaJuda ngokwemizi yabo, bephantsi kweenkulu zabo, ngolu hlobo:

Indlu	*Inkulu*	*Inani*
AbakwaJuda	uNashon ka-Aminadabhi	74.600
AbakwaIsakare	uNataniyeli kaZuware	54.400
AbakwaZebhulon	uEliyabhi kaHelon	57.400
Bebonke:		186.400

AbakwaJuda ke baya kusuka kuqala.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10-16“Kwicala langasezantsi kuya kuma abembasa yendlu kaRubhen ngokwemizi yabo, bephantsi kweenkulu zabo, ngolu hlobo:

Indlu	*Inkulu*	*Inani*
AbakwaRubhen	uElizure kaShedeyure	46.500
AbakwaSimon	uShelumiyeli kaZurishadayi	59.300
AbakwaGadi	uEliyasafu kaDuweli	45.650
Bebonke:		151.450

AbakwaRubhen ke baya kulandela.

17“Ke bona abakwaLevi baya kuhamba bephethe intente yesibingelelo. Baya kuhamba phakathi embindini wezi zindlu xa zizonke. Onke amaqela aya kuhamba kwangalaa ndlela abemi ngayo, iqela ngalinye phantsi kwembasa yalo.

18-24“Kwicala lasentshona kuya kuma abembasa yendlu kaEfrayim ngokwemizi yabo, bephantsi kweenkulu zabo, ngolu hlobo:

Indlu	*Inkulu*	*Inani*
AbakwaEfrayim	uElishama ka-Amihudi	40.500
AbakwaManase	uGamaliyeli kaPedazure	32.200
AbakwaBhenjamin	uAbhidan kaGidiyoni	35.400
Bebonke:		108.100

Kolo ludwe ke abakwaEfrayim boba ngabesithathu.

25-31“Kwicala langasentla kuya kuma abembasa yendlu kaDan ngokwemizi yabo, bephantsi kweenkulu zabo, ngolu hlobo:

Indlu	*Inkulu*	*Inani*
AbakwaDan	uAhizere ka-Amishadayi	62.700
Abakwa-Ashere	uPagiyeli kaOkran	41.500
AbakwaNafetali	uAhira kaEnan	53.400
Bebonke:		157.600

© 1996 Bible Society of South Africa.

Kolu ludwe ke bona abakwaDan baya kuba ngumsila.”

32Lilonke ke inani lamaSirayeli âbhalisáyo apho kuloo maqela laba ngamakhulu amathandathu anantathu amawaka anamakhulu amahlanu namashumi amahlanu.

33Ngokomlomo kaNdikhoyo kuMosis bona abaLevi abakho kweli nani lamaSirayeli.

34Ngoko ke amaSirayeli yonke into ayenza ngokwelizwi likaNdikhoyo kuMosis. Ayesima ngokweembasa zawo, aze ahambe ngokwemizi yawo.

Eyasentlango 3

Oonyana baka-Aron

1Nantsi ke ingcombolo ngoonyana baka-Aron noMosis ngexesha uNdikhoyo ethetha noMosis entabeni iSinayi.

2UAron wayenoonyana abane: uNadabhi omkhulu, uAbhihu, uElazare, noItamare.

3Bona ke bathanjiswa bamiselwa baba ngababingeleli.

4Kambe ke bona ooNadabhi noAbhihu bafela apho kwintlango yeSinayi, ngenxa yokuba benikele ngomlilo ongafanelekanga kuNdikhoyo. Babengekabi nabantwana, ngoko ke uElazare noItamare baba kumsebenzi wobubingeleli ngexesha lika-Aron.

AbaLevi benziwa abaqugquzeleli bababingeleli

5 UNdikhoyo wathi kuMosis:

6“Thatha indlu kaLevi, uyimisele ibe ngabaqugquzeleli bombingeleli uAron.

7AbaLevi mabasebenze esibingelelweni, bancedise ababingeleli, bamele ibandla lamaSirayeli liphela.

8Mabajongane nazo zonke izixhobo ezisetyenziswa esibingelelweni, wonke umsebenzi bewenzela amaSirayeli ephela.

© 1996 Bible Society of South Africa.

9Kuphela umsebenzi wabaLevi kukuba ngabaququzeleli baka-Aron noonyana bakhe.

10UAron noonyana bakhe bamisele basebenze ezobubingeleli; nabani na ke ongomnye ophatha impahla yesibingelelo uya kubulawa.”

11UNdikhoyo wathetha noMosis, wathi:

12-13“Ngoku abakwaLevi ndibathathile; ngabam. Ekuwabulaleni kwam amazibulo amaJiputa ndazibekela bucala izibulo ngalinye lamaSirayeli ndawonye nawemfuyo yawo. Ngoku ke, endaweni yamazibulo amaSirayeli, ndibanga abakwaLevi; ngabam nqo. NdinguNdikhoyo kaloku.”

Ukubalwa kwabaLevi

14Kwintlango yeSinayi uNdikhoyo wathi kuMosis:

15“Babale abaLevi ngokwezindlu nemizi yabo; ubhalise bonke abangamadoda, ukuqalela kubudala obuyinyanga enye nangaphezulu.”

16Ke uMosis wayenza le nto.

17-20ULevi ke wayenoonyana abathathu: uGershon, uKohati, noMerari. Ngabo ookhokho bezi zindlu zibizwa ngabo. UGershon yena waba noonyana ababini: uLibheni noShimeyi. Bona abakaKohati babebane: uAmram, uIzare, uHebron, noUziyeli. AbakwaMerari ke bona babebabini: uMali noMushi. Bona bangookhokho bezi zindlu zibizwa ngabo.

21Indlu kaGershon ke imi ngemizi kaLibheni noShimeyi.

22Bebonke ke abangamadoda ababudala buyinyanga nangaphezulu abâbhaliswáyo babengamawaka asixhenxe anamakhulu amahlanu.

23Le ke yona indlu yema ngasentshona, ngasemva kwesibingelelo.

24Inkulu yayo yanguEliyasafu, unyana kaLayeli.

25Owabo ke umsebenzi yayikukujongana nesibingelelo, isigqubuthelo saso sangaphakathi nesangaphandle, umkhusane wesango legumbi eliphakathi,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

26nomkhusane wenkundla, ngokunjalo nomkhusane weqonga lamadini, kunye nomkhusane wesango lenkundla, neentsontelo, nako konke okunxulumene nezi zinto.

27Indlu kaKohati ke yona imi ngemizi ka-Amram, uIzare, uHebron, noUziyeli.

28Bebonke ke abangamadoda ababudala buyinyanga nangaphezulu abâbhaliswáyo babesisibhozo samawaka namakulu amathandathu, bonke beququzelela esibingelelweni.

29Le ke yona indlu yema kwicala langasezantsi lesibingelelo.

30Inkulu yayo yayinguElizafan, unyana kaUziyeli.

31Owabo umsebenzi yayikukujongana netyesi yomnqophiso, itafile, isiphatho-zibane, amaqonga, nezixhobo ezisetyenziswa ngababingeleli egumbini eliyingcwele, nomkhusane wokufihla igumbi eliyingcwele kangcwele. Ewe, babejongene nako konke okunxulumene nezi zinto.

32Intloko yabaLevi ke yayinguElazare unyana ka-Aron umbingeleli. Yena wayengumveleli kwabo basebenza esibingelelweni.

33Ke yona indlu kaMerari imi ngemizi kaMali noMushi.

34Bebonke ke abangamadoda ababudala buyinyanga nangaphezulu abâbhaliswáyo babengamawaka amathandathu namakhulu amabini.

35Le ndlu ke yona yema ngasentla kwesibingelelo. Inkulu yayo yayinguZuriyeli unyana ka-Abhihayili.

36Umsebenzi wabo yaba kukujongana nesakhelo sesibingelelo, imiqobo, iintsika, iziseko, nazo zonke izixhobo zaso. Ewe, babejongene nako konke okunxulumene nezi zinto.

37Ngokunjalo babejongene nezibonda, iintsika, izikhonkwane, neentsontela zenkundla.

38Ke yena uMosis noAron noonyana bakhe bema phambi kwesibingelelo ngasempuma. Umsebenzi wabo yayikukubusa ngaphakathi egumbini

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

eliyingcwele, bemele amaSirayeli. Nabani na ongomnye owenza lo msebenzi wabo uya kubulawa.

39Lilonke inani labaLevi abudala buyinyanga nangaphezulu abathi babhaliswa nguMosis ngokwelizwi likaNdikhoyo laba ngamashumi amabini anambini amawaka.

AbaLevi bangena endaweni yoonyana bamazibulo

40-41 UNdikhoyo wathi kuMosis: “Onke amazibulo angoonyana bamaSirayeli ngawam. Ngoko ke wabhalise onke amazibulo angoonyana bamaSirayeli abudala buyinyanga nangaphezulu. Kambe ke endaweni yawo ndibanga bonke abaLevi – ndinguNdikhoyo kaloku! Ngokunjalo nasendaweni yamazibulo eenkomo zamaSirayeli ndibanga zonke iinkomo zabaLevi.”

42UMosis ke wawuthobela lo myalelo kaNdikhoyo, wawabala onke loo mazibulo

43abudala buyinyanga nangaphezulu, aza aba ngamashumi amabini anambini amawaka anamakhulu amabini namashumi asixhenxe anantathu.

44UNdikhoyo wayala uMosis wathi:

45“Ngoku ke babekele bucala ubamisele abaLevi, babe ngabam, bathathe indawo yoonyana bamazibulo bamaSirayeli. Ngokunjalo ke neenkomo zabaLevi mazithathe indawo yamazibulo eenkomo zamaSirayeli.

46Amazibulo angoonyana bamaSirayeli athe kratya ngamakhulu amabini anamashumi asixhenxe anantathu kubaLevi; eli nani badlula ngalo ke malihlawulelwe.

47Kweli nani ke unyana ngamnye makahlawulelwe iisiliva ezintlanu ngokomlinganiselo ovunyiweyo.

48Le mali ke mayinikwe uAron noonyana bakhe.”

49Ngoko ke uMosis wayiqokelela imali yokhululo yokukhulula abo babegqithile kwinani labakhululwe ngabaLevi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

50Waqokelela iisiliva eziliwaka elinamakhulu amathathu namashumi amathandathu anantlanu. Le mali uyithathe kuwo onke amazibulo,

51waza wayinikezela kuAron noonyana bakhe njengoko wayeyalelwe nguNdikhoyo.

Eyasentlango 4

Umsebenzi wabaLevi bakwaKohati

1 UNdikhoyo wayalela uMosis noAron

2ukuba babale abaLevi bakwaKohati ngokwezindlu nemizi yabo.

3Wathi mababhalise onke amadoda akubudala obungamashumi amathathu ukuya kumashumi amahlanu eminyaka, onke awayefanelekile ukuba angasebenza esibingelelweni.

4Umsebenzi wabo ke wawunxulumene nezona zinto zingcwele.

5UNdikhoyo wayalela uMosis wenjenje: “Lakufika ixesha lokunduluka, uAron noonyana bakhe mabakhulule umkhusane ovalele ityesi yomnqophiso, bagqume ityesi leyo ngawo.

6Mabayigqume ngesikhumba esisukiweyo, babeke ilaphu elizuba ngaphezulu, bandule ke ukufaka imiqobo yokubamba.

7“Mabaneke ilaphu elizuba phezu kwetafile ehlala isonka esinikelwe uNdikhoyo, babeke iipleyiti phezu kwayo, nezitya zesiqhumiso, izitya zomnikelo, neendebe zomnikelo othululwayo. Ke isonka esihlala phezu kwetafile masingasuswa.

8Phezu kwazo zonke ke ezi zinto baya kuthi wambu ilaphu elimfusa, baze balebele ngesikhumba esisukiweyo, bafake imiqobo yokubamba.

9“Baya kuthatha ilaphu elizuba, bagqume isiphatho-zibane xa sisonke, isifinyiso saso, nezithetyana zaso, ngokunjalo nezitya zaso zeoyile.

10Isibane nobuxhaka-xhaka baso mabasisonge ngesikhumba esisukiweyo, basibeke kumanqwanqwa okusiphatha.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11“Iqonga legolide baya kuligquma ngelaphu elizuba, balebele ngesikhumba esisukiweyo, baze bafake imiqobo yokubamba.

12Baya kuphinda ke bathathe izitya namacephe asetyenziswa esibingelelweni, bawasongele ngelaphu elizuba, bagqume ngesikhumba esisukiweyo, bazibeke phezu kwamanqwanqwa okuziphatha.

13Mabasuse uthuthu kwiqonga lamadini, baligqume ngelaphu elimsobo.

14Phezu kwalo ke mababeke zonke izinto ezisetyenziswa kulo: iipleyiti zomlilo, iifolokhwe, iifotsholo, nezitya. Kamva ke baya kuligquma ngesikhumba esisukiweyo, balifake imiqobo yokubamba.

15Ngexesha lokuhamba ke kuya kuthi xa uAron noonyana bakhe sebegqibile ukuzisonga nokuziqoqosha zonke ezi zinto zingcwele, beze abakwaKohati, bazokuzithatha baziphathe. Kodwa ke mabangazichukumisi, hleze bafe. “Lo msebenzi wokuthwala impahla yesibingelelo ngumsebenzi wamaKohati nanini na xa kufudukwa.

16“Ke yena uElazare, unyana ka-Aron, uya kongamela isibingelelo siphela, nako konke okwaso: ioyile yezibane, isiqhumiso, umnikelo weenkozo, namafutha okuthambisa – oko kukuthi isibingelelo nempahla yaso yangaphakathi.”

17UNdikhoyo wabayalela ooAron noMosis, wathi

18-19mababalumkele abakwaKohati bangasondeli kwezi zinto zingcwele, hleze bafe. Ukuthintela loo ngozi ke wathi uAron noonyana bakhe mabangene kuqala, babele ulowo nalowo umKohati umsebenzi nento aza kuyiphatha.

20Kambe ke ukuba amaKohati angenile esibingelelweni, aza azibona nakancinane ezi zinto zingcwele, aya kufa.

Umsebenzi wabaLevi bakwaGershon

21 UNdikhoyo wayalela uMosis

22ukuba abale abaLevi bakwaGershon ngokwezindlu nemizi yabo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

23Wathi makabhalise onke amadoda akubudala obungamashumi amathathu ukuya kumashumi amahlanu eminyaka, onke awayefanelekile ukuba angasebenza esibingelelweni.

24Umsebenzi wabo ke yayikukuphatha ezi zinto:

25intente (eyangaphakathi neyangaphandle) nesigqubuthelo sayo, nesikhumba esisukiweyo, umkhusane wesango,

26imikhusane neentsontela zenkundla jikelele, imikhusane yesango lenkundla, nazo zonke izixhobo ezisetyenziswa kwezi zinto. Umsebenzi wabo ke uya kunxulumana nezi zinto.

27Wonke umsebenzi wawo amaGershon makawenze phantsi kweliso lika-Aron noonyana bakhe, abaya kuwayalela izinto amakazithwale namakazenze.

28Le ke yimisebenzi yamaGershon esibingelelweni. Aya kuyenza ekhokelwa nguItamare unyana kambingeleli uAron.

Umsebenzi wabaLevi bakwaMerari

29 UNdikhoyo wayalela uMosis ukuba abale abaLevi bakwaMerari ngokwezindlu nemizi yabo.

30Wathi makabhalise onke amadoda akubudala obungamashumi amathathu ukuya kumashumi amahlanu eminyaka, onke awayefanelekile ukuba angasebenza esibingelelweni.

31Umsebenzi wabo ke uya kuba kukuphatha izibonda zesibingelelo, iintsika, neziseko zazo;

32neentsika neziseko, izikhonkwane neentsontela zenkundla jikelele, nazo zonke izinto ezisetyenziswa kuyo. Indoda nganye iya kumiselwa izinto emayiziphathe.

33Le ke yimisebenzi yamaMerari esibingelelweni. Aya kuyenza ekhokelwa nguItamare unyana kambingeleli uAron.

Ukubalwa kwabaLevi

© 1996 Bible Society of South Africa.

34-48Ngokomlomo kaNdikhoyo uMosis, uAron, neenkokheli zamaSirayeli babala abaLevi bakwaKohati, abakwaGershon, nabakwaMerari. Bababhalisa ngokwezindlu nemizi yabo, bebhalisa onke amadoda akubudala bamashumi amathathu ukuya kumashumi amahlanu eminyaka. Babhalisa onke amadoda awayefanelekile ukuba angasebenza esibingelelweni. Bawabala ngolu hlobo:

Indlu	*Inani*
AbakwaKohati	2.750
AbakwaGershon	2.630
AbakwaMerari	3.200
Bebonke:	8.580

49Indoda nganye yabhaliswa ngokwelizwi likaNdikhoyo kuMosis. Kwangaloo myalelo indoda nganye yabelwa owayo umsebenzi, ikhonjiswa into emayiyithwale.

Eyasentlango 5

Abantu abanomlaza

1 UNdikhoyo wathi kuMosis:

2“Xelela amaSirayeli abakhuphele ngaphandle bonke abantu abanesifo solusu esisulelayo, nabophayo, noba ngabanomlaza kukuphatha isidumbu.

3Bonke abagqwaliseke ngolu hlobo mabakhutshelwe ngaphandle kwelali apho nam ndihlala kunye nawo.”

4Ngenene ke amaSirayeli ayenza le nto, abakhuphela phandle bonke abo bantu, njengoko uNdikhoyo wayalela uMosis.

Intlawulo

5 UNdikhoyo wanika uMosis

6le miyalelo, wathi makayigqithisele kumaSirayeli, athi: “Nabani na, indoda okanye ibhinqa, obonakalisa ukunganyaniseki kuNdikhoyo ngokona omnye,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7makayivume loo nto imbi ayenzileyo, akhuphe intlawulo ngokuzeleyo. Ngaphezu koko ke uya kukhupha nesiqingatha sesihlanu, naso asinike umntu lowo amonileyo.

8Kambe ke ukuba umntu lowo akasekho, ibe ke kungekho nesalamane ekungahlawulwa kuso, kofuneka inikezelwe kuNdikhoyo, ibe yeyombingeleli. Le ntlawulo ke yongeza kulaa nkunzi yegusha kwenziwa ngayo idini lokucamagushela loo mntu unetyala.

9Wonke umnikelo owodwa okhutshwa ngamaSirayeli, ewunikela kuNdikhoyo, unenxaxheba eyeyababingeleli.

10Umnikelo wona ngowalowo unikelayo, kambe inxaxheba yeyababingeleli."

Abafazi abanamadoda anobukhwele

11 UNdikhoyo wathetha noMosis,

12-14wathi makayalele amaSirayeli, athi: "Kungenzeka ukuba indoda isole umkayo, imkrokrela ukuba unento yokwenza nenye indoda, kodwa yona ibe ingaqinisekanga, kuba umcimbi lowo ungathiwanga pahaha, futhi ke ingenangqina nabungqina buphathekayo, njengoko engabanjwanga umfazi lowo. Mhlawumbi kungenzeka ukuba indoda leyo ibinamagxa nje, kungekho nanto ibitheni ayenzileyo umfazi lowo.

15Nokuba kuyiyiphi na imeko, indoda leyo iya kumthatha umfazi lowo, iye naye kumbingeleli. Kananjalo iya kuphatha ikhilogram enye yomgubo werhasi oyimfanelo yedini; kambe ke ayiyi kuwugalela mafutha nasiqhumiso, kuba ulidini elikhutshwa yindoda enobukhwele, umnikelo wokuphanda inyaniso.

16"Umbingeleli ke uya kumthatha umfazi lowo, ammise esibingelelweni phambi koNdikhoyo.

17Uya kuthatha amanzi awodwa, awagalele engqayini, aze akhe umhlaba apho phantsi esibingelelweni, awugalele kuloo manzi, ukuze akrakre.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

18Uya kusuka ke azikhulule iinwele zomfazi lowo, amnike loo mgubo
womnikelo, awuphathe ngesandla. Ke yena umbingeleli uya kuphatha laa
ngqayi inamanzi akrakrayo azisa ishwangusha kumntu onetyala.

19Umbingeleli ke uya kumfungisa umfazi lowo esithi: 'Ukuba kuthe kanti
awukhange ube nanto yakwenza nandoda yimbi, uza kuba msulwa
kwishwangusha eliziswa ngala manzi.

20Kambe ke ukuba ngenene ukrexezile,

21wanga uNdikhoyo angalenza isiqalekiso igama lakho phakathi kwamawenu.
Wanga ungahlala uphuma isisu, okanye uNdikhoyo akubethe ngegalimoya.

22Ngenene akwaba la manzi aya kusitsho isisu sakho sibe negalimoya, okanye
uhlale uphuma isisu.' "Umfazi lowo ke uya kuphendula athi: 'Makube njalo.'

23"Umbingeleli ke uya kusibhala esi siqalekiso, aze aphinde awuhlambe
umbhalo lowo, ungene kulaa ngqayi inamanzi akrakrayo.

24Emva kokuba umbingeleli emseze umfazi lowo la manzi anokumenza
aphathwe ngamahlaba,

25uya kuthatha laa mgubo womnikelo usesandleni sakhe, awuwanga-wangise
phambi koNdikhoyo, awubeke kwiqonga lamadini.

26Uya kukha kuwo ngesandla atshise inxenye yawo apho eqongeni.
Ekugqibeleni ke uya kuseza umfazi lowo awafince loo manzi.

27Ukuba ke kuthe kanti ngenene umfazi lowo ukrexezile, amanzi lawo aya
kumtsho abe namahlaba, abe negalimoya, okanye aphume isisu. Ewe, woba
ngoqalekisiweyo phakathi kwamawabo.

28Kambe ke, ukuba kuthe kanti umsulwa, akayi kwenzeka nto, futhi uya kuba
nako ukufumana abantwana.

29-30"Lo ke ngumthetho mayela nendoda enobukhwele, ekrokrela ukuba
umfazi wayo uyakrexeza. Umfazi lowo uya kumiswa esibingelelweni phambi
koNdikhoyo, umbingeleli ke awuqhube loo msebenzi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

31Indoda ke yona iya kuba msulwa; kanti ke yena umfazi, ukuba ufumaniseke enetyala, uya kuvuna into abeyilimile.”

Eyasentlango 6

Amalolo kaNdikhoyo

1 UNdikhoyo wagunyazisa uMosis,

2wathi makayalele amaSirayeli, athi: “Nabani na, indoda okanye ibhinqa, owenza isifungo esisodwa sokuba abe lilolo likaNdikhoyo, kuba efuna ukuba ngokaNdikhoyo qwaba,

3makangaze asele iwayini natywala. Ewe, makangaze asele okanye atye nto eyenziwe ngeediliya.

4Ngalo lonke ixesha aselilolo makangatyi okanye asele nayiphi na into ephuma emdiliyeni, angafaki nditsho nembewu okanye ixolo lediliya.

5“Xa esephantsi kwesi sifungo makangachebi, angasusi neendevu ezi. Kaloku ngalo lonke elo xesha engokaNdikhoyo qwaba ubotshiwe sisifungo, ngoko ke makangaziphathi iinwele neendevu.

6-7Isihlwitha esi ngumqondiso wokuba uzinikele. Makangaze azigqwalise ngokusondela kwisidumbu nokuba sesikayise okanye unina, nditsho nesomntakwabo.

8Kaloku xa esephantsi kwesi sifungo ulilolo likaNdikhoyo.

9“Xa kwenzekile ukuba lowo ulilolo agqwaliseke ngokuba kufuphi nomntu osuke wafa ngebhaqo, kofuneka azigugule iinwele neendevu zakhe ngosuku lwesixhenxe, ukuze ahlambuluke.

10Ngosuku lwesibhozo ke uya kuthatha amahobe amabini, noba ngamavukuthu, eze nawo esangweni lesibingelelo kumbingeleli.

11Ngelinye ke umbingeleli uya kwenza idini lesono, lize elinye eli libe lidini elitshiswayo, khon' ukuze acanyagushelwe lowo ugqwaliswe sisidumbu. Kwangaloo mini ke umntu lowo uya kuziyeka ziphinde zikhule iinwele neendevu zakhe,

© 1996 Bible Society of South Africa.

12azinikele ngokutsha ukuba abe lilolo likaNdikhoyo kangangesifungo eso.
Intlawulo uya kuyenza ngokukhupha ixhwane lokwenza idini lesono. Elaa
thuba lingaphambili ke, alichithe selelilolo, lilahlekile, kuba kaloku iinwele
zakhe zigqwalisekile.

13“Kothi ke lakuphela ithuba lesifungo selolo elo, kuqhutywe lo msebenzi:
Ilolo liya kuya esangweni lesibingelelo

14nezi ndidi zeegusha zingenasiphako: ixhwane elililiduna, loba lelokwenza
idini elitshiswayo; ixhwane elilithokazi, lona libe leledini lesono; nenkunzi
yegusha yokwenza idini lobudlelwana.

15Ezi zinto zihamba nomnikelo weenkozo nowewayini. Uya kufaka
ebhaskitini ezi ndidi zesonka ezinganyuswanga: izonka ezenziwe ngomgubo
oxutywe namafutha nemiqathane ethanjiswe ngamafutha.

16“Umbingeleli ke uya kuwathatha amaxhwane, awanikele uNdikhoyo, enze
idini lesono nelitshiswayo.

17Kwakhona ke uya kunikela inkunzi yegusha kuNdikhoyo, ibe lidini
lobudlelwana, ayidibanise nesaa sonka sisebhaskitini. Kananjalo ke uya
kwenza nomnikelo weenkozo nowewayini.

18Apho ke esangweni lesibingelelo ilolo elo liya kuzigugula iinwele zalo, ezo
zibubungqina bokuzinikela kwalo kuNdikhoyo, lizifake apho kuloo mlilo
wedini lobudlelwana.

19“Emva koko umbingeleli makathathe umkhono ovuthiweyo wenkunzi
yegusha, abuye athathe nesonka sibe sinye, nomqathane ngokunjalo phaya
ebhaskitini, aze ke ezi zinto azinike ilolo elo ukuze lizibambe.

20Kananjalo ke umbingeleli uya kuwanga-wangisa lo mnikelo uwonke,
awenze umnikelo owodwa kuNdikhoyo. Lo mnikelo owodwa
ngowombingeleli; yaye wongeza laa ncum nalaa mlenze wenkunzi yegusha
usisabelo sombingeleli kakade. Emva koko ke ilolo likhululekile, lingayisela
iwayini.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21Lo ke ngumthetho obhekiselele kwilolo likaNdikhoyo omelwe kukufezekiswa. Ngaphezu koko lisenokunikela kangangoko ngokuqhutywa yintliziyo.

Intsikelelo kaNdikhoyo

22 UNdikhoyo wathi uMosis,

23makayalele uAron noonyana bakhe ukuba bathamsanqele amaSirayeli benjenje:

24“Wanga angakuthi jize ngamathamsanqa uNdikhoyo, akulondoloze.

25Wanga angayindlezane kuwe uNdikhoyo, usixhamle isisa sakhe.

26Wanga angakwazelelela uNdikhoyo, akwambathise uxolo.”

27Waza wathi ke uNdikhoyo: “Ukuba babiza igama lam bethamsanqela abantu bam amaSirayeli, nam ndiya kubathamsanqela.”

Eyasentlango 7

Iminikelo yeenkokheli

1Mhla wagqiba uMosis ukumisela isibingelelo, wasithambisa, wasinikezela, sona nezixhobo zaso ndawonye neqonga lamadini nokwalo.

2Zaza iinkokheli zezindlu zakwaSirayeli, kwaezo zazongamele ubalo,

3zezisa iminikelo yazo esibingelelweni kuNdikhoyo. Yaba ziinqwelo ezintandathu ezineetentyi neenkabi zeenkomo ezilishumi elinambini. Iinkokheli zadibana ngenqwelo ngambini, yaza yayileyo yakhupha inkabi yenkomo. Zakuba zizinikele ke,

4uNdikhoyo wathi kuMosis:

5“Ezi zipho zamkele ze zisetyenziswe esibingelelweni. Zigqithisele kubaLevi ngokwemisebenzi abajongene nayo.”

6Ngoko ke uMosis wathatha ezo nqwelo kwakunye neenkabi ezo, wazinika abaLevi.

7AbakwaGershon wabanika iinqwelo zambini neenkabi ezine.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Bona abakwaMerari wabanika iinqwelo zane kunye nesibhozo seenkabi. Umsebezi wabo babeza kuwenza bekhokelwa nguItamare unyana ka-Aron.

9AbakwaKohati bona uMosis akabanikanga zinqwelo nazinkabi, kuba kaloku bona izinto ezingcwele ababeziphatha babezithwala emagxeni.

10Kananjalo iinkokheli zezisa neminikelo yokubhiyozela ukunikezelwa kweqonga lamadini.

11Kaloku uNdikhoyo wathi kuMosis: “Zixelele iinkokheli ezo ukuba mazithathe ithuba elingangeentsuku ezilishumi elinambini, inkokheli nganye inikela izipho zayo ngosuku ngalunye, kulo mbhiyozo wokunikezelwa kweqonga lamadini.”

12-83Ezo zipho ke zanikezelwa ngolu hlobo:

Usuku	*Indlu*	*Inkulu*
Lokuqala	kaJuda	uNashon ka-Aminadabhi
Lwesibini	kaIsakare	uNataniyeli kaZuware
Lwesithathu	kaZebhulon	uEliyabhi kaHelon
Lwesine	kaRubhen	uElizure kaShedeyure
Lwesihlanu	kaSimon	uShelumiyeli kaZurishadayi
Lwesithandathu	kaGadi	uEliyasafu kaDuweli
Lwesixhenxe	kaEfrayim	uElishama ka-Amihudi
Lwesibhozo	kaManase	uGamaliyeli kaPedazure
Lwesithoba	kaBhenjamin	uAbhidan kaGidiyoni
Lweshumi	kaDan	uAhiyezere ka-Amisha-dayi
Lweshumi linanye	ka-Ashere	uPagiyeli kaOkran
Lweshumi linambini	kaNafetali	uAhira kaEnan

Xa zizonke ke zezisa izipho ezifanayo ngolu hlobo: isitya sesiliva esibunzima buyikhilogram enesiqingatha, nesitya segazi lokutshiza sesiliva esibunzima bungamakhulu asibhozo eegram ngokomlinganiselo ovunyiweyo, zozibini

© 1996 Bible Society of South Africa.

zizele ngumgubo oxutywe namafutha wokwenza idini leenkozo; isityana segolide esibunzima buziigram ezilikhulu elineshumi sizele sisiqhumiso; inkunzana yenkomo, inkunzi yegusha, nexhwane, zokwenza idini elitshiswayo; inkunzi yebhokhwe yedini lesono; neenkabi zeenkomo ezimbini, iinkunzi zeegusha ezintlanu, isihlanu seebhokhwe, namaxhwane amahlanu, zedini lobudlelwane.

84-88Ke zizonke izipho ezeziswa zezi nkokheli kumsebenzi wokunikezelwa kweqonga zazimi ngolu hlobo: Yayingamashumi amabini anane ezitya zesiliva ezibunzima buziikhilogram ezimashumi mabini anesixhenxe namakhulu amathandathu eegram; ishumi elinambini lezityana zegolide ezibunzima buyikhilogram enamakhulu amathathu namashumi amabini eegram zizele sisiqhumiso; ishumi elinambini leenkunzi zeenkomo, ishumi elinambini leenkunzi zeegusha, ishumi elinambini lamaxhwane, ngokunjalo nomnikelo weenkozo wedini elitshiswayo; ishumi elinambini leebhokhwe zedini lesono; amashumi amabini anesine eenkunzi zeenkomo, namashumi amathandathu eenkunzi zeegusha, amashumi amathandathu eebhokhwe, namashumi amathandathu amaxhwane, okwenza idini lobudlelwana.

89UMosis wathi akungena esibingelelweni wathetha noNdikhoyo owavakala ethetha phezu kwesivalo setyesi enobungqina bomnqophiso phakathi kwezo zithunywa zimaphiko.

Eyasentlango 8

Ukumiswa kwesibane

1 UNdikhoyo wathi kuMosis

2makaxelele uAron ukuba xa ebeka esaa sibane sizibane zisixhenxe, aze asimise ngohlobo lokuba ilitha laso liwe ngaphambili.

3UAron wawuthobela loo myalelo, wasimisa njengoko kutshiwo isibane.

4Wasibumba sonke ngegolide ngokomfanekiso awayewubonisiwe nguNdikhoyo uMosis.

Ukuhlanjululwa nokumiselwa kwabaLevi

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5 UNdikhoyo wayalela uMosis

6ukuba abakhethe abaLevi kumaSirayeli, abahlambulule

7ngolu hlobo: “Bafefe ngamanzi okuhlambulula, utsho bachebe babususe bonke uboya emizimbeni, bazihlambe neempahla zabo. Bakuba benjenjalo ke baya kuhlambuluka.

8Emva koko ke mabathathe inkunzana yenkomo, baphathe nomgubo onamafutha ukulungiselela ukwenza idini leenkozo; uze futhi uthathe enye inkunzi yenkomo yokwenza umnikelo wesono.

9Qokelela ibandla lamaSirayeli ephela, uze bona abaLevi ubemise phambi kwesibingelelo.

10AmaSirayeli ke aya kubeka izandla zawo phezu kweentloko zabaLevi.

11Ke uAron uya kusuka abanikezele abaLevi abo kum, babe ngumnikelo owanga-wangiswayo ovela kumaSirayeli, ukuze bawufanele umsebenzi wam.

12AbaLevi ke baya kubeka izandla phezu kwezaa nkunzi zimbini. Enye yazo yeyedini lesono, kanti ke enye yeyedini elitshiswayo, khon' ukuze abaLevi bacanyagushelwe.”

13UNdikhoyo waqhuba wathi: “AbaLevi mababe ngumnikelo owanga-wangiswayo, baze bonganyelwe nguAron noonyana bakhe.

14Ngale ndlela ke bakhethe abaLevi kumaSirayeli, babe libango lam.

15Wakuba ke ubahlambulule, wabanikezela abaLevi, baya kukufanela ukubusa esibingelelweni.

16Kuwo onke amaSirayeli abaLevi ngabam ncakasana, kuba ndibanga bona endaweni yoonyana bamazibulo bamaSirayeli.

17Ukuwabulala kwam amazibulo amaJipta, ndazibekela bucala bonke oonyana bamazibulo bamaSirayeli, ngokunjalo namaduna angamazibulo emfuyo yawo.

18Kambe ke ngoku ndibanga abaLevi endaweni yamazibulo amaSirayeli;

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19abaLevi aba ndiwabeka phantsi koAron noonyana bakhe, bangumnikelo
wamaSirayeli esibingelelweni, khon' ukuze babuse bangxengxeze,
amaSirayeli angehlelwa sisibetho ebesingawehlelayo xa asondele
esibingelelweni.”

20Ngoko ke uMosis noAron nalo lonke ibandla lamaSirayeli babamisela
babanikezela abaLevi ngokomlomo kaNdikhoyo.

21AbaLevi bazicoca bahlamba neempahla zabo, waza ke uAron wabanikezela
baba sisipho esiwanga-wangiswayo sikaNdikhoyo, waza wabahlambulula
ngokuwacamagushela.

22Mayela nabaLevi amaSirayeli alungisa konke ngokomlomo kaNdikhoyo
kuMosis. Baba ke ngoko ngolu hlobo abaLevi bafikelele kwibanga lokubusa
esibingelelweni phantsi koAron noonyana bakhe.

23UNdikhoyo wanika uMosis

24ummiselo othi: “Ixesha lokuqala komLevi ngamnye ukubusa esibingelelweni
loba kuxa aneminyaka engamashumi amabini nantlanu,

25aze aphumle xa anamashumi amahlanu.

26Phofu ke angákhe aqhube encedisa oogxa bakhe, kodwa ke yena siqu
engenamsebenzi uthe ngxishi. Nantso ke indlela baya kusebenza ngayo
abaLevi.”

Eyasentlango 9

IPasika yesibini

1Kwathi ke kaloku xa amaSirayeli akwintlango yaseSinayi, kwinyanga
yokuqala kunyaka wesibini aphumayo kwelaseJiputa, uNdikhoyo wathetha
noMosis, wathi:

2-3“Emalanga ngomhla weshumi elinesine wale nyanga kofuneka amaSirayeli
aqalise umbhiyozo wesikhumbuzo sePasika, ngokwezimiso nemigaqo yayo.”

4Ngenene ke uMosis wawaxelela amaSirayeli ngePasika,

© 1996 Bible Society of South Africa.

5aza ke ngolo rhatya lomhla weshumi elinesine, kuloo nyanga yokuqala
ayibhiyozela khona apho kwintlango yeSinayi. Yonke into yaqhutywa
ngokomlomo kaNdikhoyo kuMosis.

6Kanti ke kwabakho bantu bathile babegqwaliswe kukuphatha isidumbu.
Bona ke zange babe nako ukuthatha nxaxheba apho kuloo mbhiyozo ngaloo
mini. Baya kuzixela kuMosis noAron,

7bathi: “ Sinomlaza, kuba sichukumise isidumbu; kambe ke singathini
ukuphoswa xa abanye benikela ngedini lePasika kuNdikhoyo?”

8UMosis wathi: “Lindani ndide ndifumane ilizwi kuNdikhoyo.”

9UNdikhoyo ke wathi kuMosis:

10“Xelela amaSirayeli ukuba xa omnye wawo okanye intsapho igqwaliseke
kukuphatha isidumbu, okanye ekude eluhambeni, usenako ukuwubhiyozela
umhla wePasika.

11Makawubhiyozele ngosuku lweshumi elinesine kwinyanga yesibini
ngorhatya. Mawubhiyozelwe ngesonka esinganyuswanga nemifino ekrakrayo.

12Oku kutya makungabekwa mbeko, namathambo enyama leyo
angàkrotyozwa. Umhla lowo ke wobhiyozelwa ngokwemiqathango yawo.

13Nabani na ke ongenasizathu, futhi engekho luhambeni, aze
angawubhiyozeli lo mhla, uya kusikwa kumaSirayeli, kuba enganikelanga
ngedini lePasika kuNdikhoyo ngexesha elimisiweyo. Uya kohlwaywa ngesono
sakhe.

14“Ukuba owasemzini ophakathi kwenu ufuna ukuba nenxaxheba kulo
mbhiyozo wePasika, uvumelekile, kodwa yonke into makayenze
ngokwemimiselo nemigaqo. Wonke umntu wohamba kwangalo mthetho,
noba ngumngeneleli okanye ngowothuthu.”

Ilifu phezu kwesibingelelo
(Mfud 40:34-38)

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15-16Ke kaloku kwathi mhla yagxunyekwa yemiswa intente yesibingelelo enobungqina bomnqophiso lasuka lakhakhaba layambathisa ilifu. Ngokuhlwa kude kube kusasa ke eli lifu lalisuka libe ngumlilo odangazelayo.

17AmaSirayeli ayesithi lakuzisonga liphakame ilifu elo, afuduke, aze aye kumisa apho lihle lafukama khona.

18AmaSirayeli la ayefuduka ngomyalelo kaNdikhoyo, kanti ke nokumisa kwawo kwakukwaxhomekeke kuwo. Xa lisahleli lifukamile apho esibingelelweni ilifu elo, amaSirayeli ayehlala alinde.

19Naxa lihleli ithuba elide apho esibingelelweni lingemki, amaSirayeli ayethobela uNdikhoyo ahlale.

20Maxa wambi ke eli lifu lalihlala nje ithuba leentsukwana, libuye liphakame; kambe ke nakuyiphi na imeko wona amaSirayeli ayehamba okanye ahlale ngokwelizwi likaNdikhoyo.

21Kanti kwakusenzeka nokuba lifike lifukame ngorhatya, lize ngentsasa elandelayo licombuluke. Phofu ke wona amaSirayeli ayengadubeki koko; ayelilandela nanini na licombuluka, nokuba kusemini okanye kusebusuku.

22Ewe, nokuba lihleli iintsuku ezimbini, inyanga, nonyaka, kanti naxa lihleli ngaphezu kwelo thuba, oko nje lifukamile apho esibingelelweni, ayelilinda, aze ahambe lakucombuluka.

23Ngokupheleleyo ke ukunduluka nokumisa kwamaSirayeli kwakuxhomekeke kwisikhokelo esinikwe uMosis nguNdikhoyo.

Eyasentlango 10

Amaxilongo enziwe ngesiliva

1 UNdikhoyo wabiza uMosis, wathi:

2“Thatha isiliva, uyibumbe wenze amaxilongo amabini, khon' ukuze uwavuthele xa ubiza ibandla lamaSirayeli, naxa kufuneka kundulukwe.

3Xa evuthelwe omabini enza umtyangampo, ibandla lonke likaSirayeli liya kuqokelelana phambi kwakho esangweni lesibingelelo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Ukanti ke xa kutso lalinye kuphela, koza kuwe iinkokheli zezindlu zodwa.

5Xa ufuna kunduluke izindlu ezikwicala lasempuma, uze ulivuthele litsho ngezinqam.

6Xa uziphinda ezo zinqam zexilongo, kuya kunduluka izindlu ezikwicala langezantsi. Ngoko ke xa ixilongo lisitsho ngeziqwenga zezinqam, loba lisithi makundulukwe.

7Kodwa ke xa kufuneka uSirayeli ephela ahlangane, ixilongo liya kutsho ngomtyangampo.

8“Amaxilongo lawo ke makavuthelwe ngoonyana baka-Aron ababingeleli. Lo ke ngummiselo kuwe nezizukulwana ezizayo.

9“Xa kuthe kwafuneka ukuba nihlasele isizwe esinitshutshisayo kwelakowenu, vakalisani ngexilongo ukuba ilizwe lifile. Ke mna Ndikhoyo, Thixo wenu, ndoba ngakuni, ndinihlangule kwezo ntshaba.

10Kanti ke nangamathuba emibhiyozo – ukuthwasa kwenyanga nangamaxesha amatheko – hlokomisani amaxilongo xa nisenza amadini atshiswayo nawobudlelwana; aya kundikhumbuza ngani; kaloku ndinguNdikhoyo, uThixo wenu.”

Ukunduluka eSinayi

11Ngomhla wamashumi amabini kwinyanga yesibini yonyaka wesibini amaSirayeli andulukayo eJiputa, ilifu elalisesibingelelweni lacombuluka laphakama.

12AmaSirayeli ke afuduka ev' endleleni, ayishiya intlango yeSinayi. Ke kaloku ilifu elo lahamba laza lafika lafukama kwintlango yeParan.

13Aqala ke ngoku amaSirayeli ahamba ngamabanga ngokweziyalo zikaNdikhoyo kuMosis.

14Maxa onke amabutho awo ayehlala ebambe ucwangco, etsho ngomngcelele. Abokuqala yaba ngabaphantsi kwembasa yendlu kaJuda, bengamabutho ngamabutho, bekhokelwa nguNashon unyana ka-Aminadabhi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15Ke yena uNataniyeli, unyana kaZuware, wayekhokele indlu kaIsakare;

16waza yena uEliyabhi, unyana kaHelon, wakhokela indlu kaZebhulon.

17Yathi ke yakuncothulwa intente yesibingelelo yathathwa ngabaLevi bakwaGershon nakwaMerari, banduluka.

18Kwaza ke kwanduluka abembasa yendlu kaRubhen bengamabutho ngamabutho, bekhokelwa nguElizure, unyana kaShedeyure.

19Abendlu kaSimon bona bakhokelwa nguShelumiyeli, unyana kaZurishadayi;

20baza abendlu kaGadi bakhokelwa nguEliyasafu, unyana kaDuweli.

21Ke bona abaLevi bakwaKohati balandela bephethe ezingcwele zesibingelelo. Bathi befika apho kwakumiswe khona, saba isibingelelo sesimisiwe kwakhona.

22Nabo abaphantsi kwembasa yendlu kaEfrayim banduluka, amabutho ngamabutho, bebhexeshwa nguElishama, unyana ka-Amihudi.

23Kanti ke bona abendlu kaManase babephantsi kukaGamaliyeli, unyana kaPedazure;

24baza abendlu kaBhenjamin bakhokelwa nguAbhidan, unyana kaGidiyoni.

25Emva ke kwakungcambaza abo baphantsi kwembasa yendlu kaDan, bengamabutho ngamabutho, bebhexeshwa nguAhiyezere, unyana ka-Amishadayi.

26Bona abendlu ka-Ashere babekhokelwa nguPagiyeli, unyana kaOkran;

27waza yena uAhira, unyana kaEnan, wakhokela indlu kaNafetali.

28Nantso ke indlela owawusima ngayo umngcelele wamaSirayeli eluhambeni lwawo.

29Ke kaloku uMosis wathetha noHobhabhi usibali wakhe ongunyana kaJetro waseMidiyan, wathi: “Ke ngoku, sibali, sekumbovu ukuba sinduluke sijonge ukuya kungena kwelo lizwe uNdikhoyo wathembisa ukusinika lona.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Wasithembisa ukuba uSirayeli uya kuhluma. Ngoko ke hamba nathi, ukuze siyixhamle kunye loo nyhweba yenkqubela.”

30UHobhabhi walandula wathi: “Hayi, andinako, sibali. Ndifuna ukuphindela kwelakowethu.”

31UMosis wambongoza wathi: “Hayi kaloku, ungathini ukusishiya, inguwe nje oyaziyo le ntlango. Wena unako ukusikhokela, usibonise apho sifanele ukumisa khona.

32Xa unokuhamba nathi siya kuyixhamla kunye inyhweba yentlala-kahle asibabala ngayo uNdikhoyo.”

33Ukuyishiya kwawo amaSirayeli loo ntaba ingcwele, iSinayi, ahamba iintsuku ezintathu. Ke yona ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo yayisoloko ihamba phambili, ibakhangelela indawo yokuphumla.

34Nanini na benduluka ilifu likaNdikhoyo lalijinga phezu kwabo.

35Xa iphumayo ityesi yomnqophiso uMosis wayedanduluka athi: “Hoyina, Ndikhoyo, vuka wenz' iziqwenga, uzichitha-chithe iintshaba zakho, ubaswantsulise abakuthiyileyo!”

36Apho iphumla khona ke uMosis wayesithi: “Khawubuye, Ndikhoyo, ufukame phakathi kwamawaka-waka akwaSirayeli!”

Eyasentlango 11

Isibetho somlilo

1Ke kaloku amaSirayeli amkhalazela uNdikhoyo ngenxa yobunzima ayebuva. Uthe akuyiva le nto uNdikhoyo wacaphuka, wawathumela ngomlilo. Ke wona wadangazela wayitshabalalisa inxalenye yamaphethelo ekampu yamaSirayeli.

2Ke wona abhenela kuMosis, acela uncedo. Yena ke wabongoza uNdikhoyo ngenxa yawo, waza ke umlilo lowo wadamba.

3Ngenxa yaloo mlilo ke wathunyelwa nguNdikhoyo, amaSirayeli athi igama laloo ndawo yiTabhera.

UMosis ukhetha iinkokheli

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Ke kaloku phakathi kwamaSirayeli kwakukho ingxubevange yabantu. Bona ke basuka bangenelwa kukurhala, aza namaSirayeli angenelela, akhalaza athi: “Awu, akwaba besinokukhe sifumane inyama!

5Khawufan' ucinge; kaloku eJiputa intlanzi sasiyitya side siyishiye, singayithenganga nokuyithenga. Awu, yeka loo nkonkomire, naloo vatala, nelo hanyanisi, nelo tswele, nezo kinofile sasizixhaphaza!

6Uyabona ke ngoku seside sakruquka; ibe ke akukho nakutya ngaphandle kwale mana.”

7Imana leyo ke ibilingana nembewu yekoriyanda, imhlotshana oku kwentlaka.

8-9Ke yona yayibakho ngokuhlwa, isiwa nombethe. Kwakusithi ke kusasa abantu baphume baye kuyichola bayiqokelele, bayisile ibe ngumgubo, okanye bayingqushe. Babeyipheka okanye bayenze amaqebengwana ngamafutha. Emlonyeni yayingathi sisonka esenziwe ngamafutha omnquma.

10UMosis weva imizi ngemizi yamaSirayeli ikhalaza. Wev' intw' embi, kuba umsindo kaNdikhoyo wasuka wavutha.

11Wabhekisa kuNdikhoyo wathi: “Ngani ukuba undiphathe kanje, Mhlekazi? Undiqumbele ngani? Kwakutheni ukuze undinike aba bantu baluxanduva olunje?

12Kakade, ngaba bakhawulwa ndim? Hayi kaloku, àbazalwa ndim; ngani ke ukuba uthi mandibasingathe oku kwempelesi egcina usana, ndibase kwelo lizwe wabathembisa ngalo ngesifungo ooyise-mkhulu?

13Kodwa kodwa ndingayizuza phi inyama, ukuze ndiphe bonke aba bantu? Kuba nâbo besoloko bebhomboloza, besithi mandibaphe inyama.

14Hayi bo! Andinako ukuwuthwala ndedwa lo mthwalo ungaba bantu; ungaphezu kwam!

15Endaweni yale ndlela undiphethe ngayo, ndibulale kube kanye, ukuba uyavelana nam, khon' ukuze ndingayiboni le ntlekele iza kundihlela!”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Kwesi sithuba ke uNdikhoyo wathetha noMosis, wathi: “Thatha amadoda amakhulu angamashumi asixhenxe aziinkokheli zamaSirayeli, uze nawo apha esibingelelweni, eme nawe.

17Ke mna ndiya kufika ndithethe nani khona, ndize nawo ndiwahlulele kuMoya okuwe, khon' ukuze abe nokukunceda kolu xanduva lungaba bantu, ungaluthwali wedwa.

18Ke bona aba bantu yithi kubo: ‘Hlambulukani, kuba ngomso niya kuyityа inyama. Kaloku uNdikhoyo usivile isililokazi senu, nisithi nikhanuka inyama, akwaba beniseseJiputa. Ngoku ke uNdikhoyo uza kuninika loo nyama, yaye ke niza kuyityа.

19Ewe, anizukuyityа nje usuku olunye nezimbini, mhlawumbi ezimbalwa;

20hayi, niya kuyityа inyanga yonke, ide iphume ngeempumlo, nidikwe ide ibe lizothe kuni. Kaloku nimbukule uNdikhoyo ekho, elapha phakathi kwenu; nibhomboloza nisithi: “Akwaba sasingemkanga eJiputa!” ’ ”

21UMosis waphendula wathi kuNdikhoyo: “Aba bantu ngamakhulu amathandathu amawaka xa ndibala amadoda anokuya emfazweni kuphela, ibe ke wena usithi uza kubanika inyama yenyanga yonke!

22Khona sebexhelelwe imihlambi yeenkomo neegusha, uthi banganela? Okanye ke uthi banganela xa benikwe zonke iintlanzi eziselwandle?”

23UNdikhoyo wabuza wathi: “Ucinga ukuba ikho into engaze indoyise? Nawe uza kuzibonela ukuba liwa phantsi na ilizwi lam!”

24UMosis ke waya kumaSirayeli, wawaxelela oko kuthethwe nguNdikhoyo. Wathatha amashumi asixhenxe amadoda amakhulu, wawamisa angqonga isibingelelo.

25UNdikhoyo ke wehla ngelifu, wafika wathetha naye. Iinkokheli ezo wazahlulela kuMoya owawukuMosis, zaza zathi ke zakuwufumana zadanduluka okwabashumayeli, nakuba zingaphindanga zenjenjalo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

26Ezimbini kwezi nkokheli, uEldadi noMedade, zona zahlala ezindlwini zazo,
azaya esibingelelweni. Kodwa uMoya wazifikela, zatsho zashumayela nazo.

27Umfana othile wabaleka waya kuxelela uMosis ukuba uEldadi noMedade
bayashumayela.

28Ke yena uYoshuwa, unyana kaNune, owayelihlakani likaMosis
kwasebutsheni bakhe, wabhekisa kuMosis wathi: “Banqande, nkosi yam,
bangashumayeli!”

29Koko ke yena uMosis waphendula wathi: “Ngaba uya ndikhweletela na?
Ukuba bekuya ngam, uNdikhoyo nge-ebafaka uMoya wakhe bonke abantu
bakhe, batsho babe ngabashumayeli bonke.”

30Ke kaloku uMosis naloo mashumi asixhenxe eenkokheli bagoduka.

AmaSirayeli nezagwityi

31 UNdikhoyo wasuka wathumela umoya, wandulula izagwityi elwandle.
Zafika zasingqonga isikhululo samaSirayeli, zibhabhazela phantsi
kumphakamo omalunga nemitha enye. Zazininzi kangangokuba
ubunokuhamba imini yonke ucanda phakathi kwazo.

32Loo mini yonke ke, nobusuku bayo, nemini elandelayo, amaSirayeli aba
zizingxada-ngxada eqokelela izagwityi. Nomntu owabutha kancinci
akafumananga ngaphantsi kwewaka leekhilogram ubunzima. Ke inyama leyo
ayeyiqwayita eyibeka ijikeleze izindlu zawo.

33Kambe kwathi esayihlafuna inyama leyo, engekayigqibi, suka wavutha
umsindo kaNdikhoyo, wawabetha ngobhubhani amaSirayeli.

34Ngoko ke igama laloo ndawo kwathiwa yiKibroti-hatava, kuba
bangcwatywa apho abantu ababebawela inyama.

35Ukusuka apho ke amaSirayeli aya kugaleleka eHazeroti, apho afika
anqumama khona.

Eyasentlango 12

Isohlwayo sikaMiriyam

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Ke kaloku uMosis wayethathe umKushekazi, kwaza ngenxa yeso sizathu
uMiriyam noAron bamgxeka.

2Babesithi: “ UNdikhoyo ngaba uthethe ngomlomo kaMosis kuphela na?
Kanene akathethanga na nathi?” Kambe ke uNdikhoyo wakuva oku kuthetha
kwabo.

(3Lo mfo unguMosis ke wayelilulama, kungekho mntu ufika kuye ngokuthoba
ehlabathini liphela.)

4UNdikhoyo wathetha ngoko nangoko noMosis noAron noMiriyam, wathi:
“Yiyani phaya esibingelelweni nobathathu.” Ngenene ke baya,

5waza uNdikhoyo wehla ngelifu, waya kuma esangweni lesibingelelo. Wasuka
ke wabiza uAron noMiriyam. Bakuba bezile ke,

6uNdikhoyo wathi: “Phulaphulan' apha! Kumshumayeli onokubakho phakathi
kwenu ndizibonakalisa ngemibono, ndithethe naye ngamaphupha.

7Akunjalo ke kodwa kwisicaka sam uMosis; yena lithenjwa kwindlu yam
iphela.

8Ngoko ke yena ndithetha naye ubuso ngobuso, hayi ngezangotshe. Ewe, mna
ngokwam ndiyazibonakalisa kuye. Hee! Ngani ke ukuba ningoyiki ukuthetha
kakubi ngesicaka sam uMosis?”

9Hayi ke, wavutha uNdikhoyo ngumsindo, wabashiya.

10Lithe ke lona liphuma ilifu apho esibingelelweni waye uMiriyam
selemhlophe wé sisifo solusu esikhwankqisayo. UAron uthe akumjonga
wafumanisa ukuba simbophile esi sifo.

11Kwangoko ke wajikela kuMosis, wambongoza wathi: “Camagu, nkosi yam!
Ndiyakuthandaza; musa ukukhathazeka ngenxa yobutyhakala esibenzileyo.

12Nqanda angade abe ngathi yinto ezelw' ifile selineenyama ezonakeleyo.”

13Kwangoko ke uMosis wadanduluka kuNdikhoyo, wathi: “Camagu, Thixo
wam, ndiyakubongoza, khawumphilise!”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14UNdikhoyo waphendula wathi: “Andithi ebengáthi ekhe watshicelwa
nguyise ebusweni anyeliseke iintsuku ezisixhenxe? Nangoku ke
makakhutshelwe ngaphandle kwebandla lakwaSirayeli iintsuku ezisixhenxe;
emva koko ke aphinde abuye.”

15Ngenene ke uMiriyam wakhutshelwa ngaphandle komzi wamaSirayeli
iintsuku zasixhenxe. AmaSirayeli ke akhe alinda apho kuloo ndawo wada
uMiriyam wabuyiselwa.

16Kamva ke anduluka apho eHazeroti, aya kugaleleka kwintlango yaseParan.

Eyasentlango 13

Iintlola
(Hlaz 1:19-33)

1 UNdikhoyo wayalela uMosis

2ukuba akhethe inkokheli ibe nye kwindlu nganye kwezo zilishumi
elinambini, azithumele zibe ziintlola, ziye kuhlola ilizwe laseKanana
awayelinika amaSirayeli.

3-15UMosis wenza ngokwelo lizwi likaNdikhoyo, waza khona apho kwintlango
yaseParan wazikhetha ngolu hlobo iinkokheli:

Indlu	*Inkokheli*
KwaRubhen	uShamuwa kaZakure
KwaSimon	uShafati kaHori
KwaJuda	uKalebhi kaJefune
KwaIsakare	uIgali kaJosefu
KwaEfrayim	uHosheya kaNune
KwaBhenjamin	uPalti kaRafu
KwaZebhulon	uGadiyeli kaSodi
KwaManase	uGadi kaSusi
KwaDan	uAmiyeli kaGemali
Kwa-Ashere	uSeture kaMikayeli

© 1996 Bible Society of South Africa.

KwaNafetali	uNabhi kaVofesi
KwaGadi	uGeweli kaMaki

16Ezi ke ziintlola ezathunyelwa nguMosis ukuba ziye kuhlola elaseKanana. Ke yena uHosheya, unyana kaNune, uMosis wamnika igama elinguYoshuwa.

17Ke kaloku ukuzindulula kwakhe uMosis wathi: “Phumani ninyuke nilingene eMazantsi ilizwe laseKanana, nize niye kufikelela kweleentaba.

18Maze nilijonge ukuba uluhlobo luni na umhlaba walo; bungakanani na ubuninzi babantu balo; ngaba ngamakroti okanye amagwala?

19Ze niqondisise ukuba lilizwe elinjani na: lihle na noba hayi? Khona abantu balo balime kanjani: ziidolophu eziphangaleleyo, okanye zizixeko ezikhuselweyo?

20Ze nilijonge ukuba ngaba lelendyebo, indlala, sini na; niqondisise noba ngaba linemithi na. Ze nibuye niphethe iziqhamo zakhona.” Ixesha lonyaka ezahamba ngalo yayilelokuvuthwa kweediliya.

21Loo madoda ke aphuma enyuka alijonga eqalela kwintlango iZin, aya kuqhina ngeRehobhi kwinkalo yeHamati.

22Angena eMazantsi aya kufika eHebron, apho kwakumi ama-Ahiman, namaSheshayi, namaTalmayi omlibo ka-Anaki. (IHebron le ke yayakhiwe kwiminyaka esixhenxe phambi kokwakhiwa kweZowan yaseJiputa.)

23Iintlola ezo ke zaya kufikelela nakwintili ye-Eshkoli. Apha ke zakha isebe lomdiliya elalinesihlahla esinye seediliya. Labekwa esibondeni, laxwaywa ngamadoda amabini. Ngokunjalo zakha zaphatha neerharnati namakhiwane.

(24Le ntili ke yathiywa igama elithi intili ye-Eshkoli ngenxa yeso sikhinkci seediliya iintlola ezo zasikhayo apho kuyo.)

25Ezi ntlola ke zathatha amashumi amane eentsuku ziligocagoca elo lizwe, zaza ke zagoduka zaya

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[26]kuMosis noAron nebandla liphela lamaSirayeli eKadeshe kwintlango yaseParan. Zenza ingxelo ngezikubonileyo, zababonisa neziqhamo ezazize nazo.

[27]Zathi kuMosis: “Elaa lizwe silikhangele, saza safumanisa ukuba lityebile, lilizwe lobisi nobusi. Khangela, nazi iziqhamo zakhona.

[28]Kambe ke abantu balo ziingwanyalala, zaye ke nezixeko zabo zikhulu zinqatyisiwe. Ngaphezu koko ke nenzala ka-Anaki siyibone ngamehlo.

[29]Ama-Amaleki wona emi eMazantsi; aze amaHiti, amaJebhusi, nama-Amori wona abe phaya kweleentaba; kanti ke wona amaKanana athe qwelele phaya ngaselwandle nakummandla womlambo iJordan.”

[30]Kwesi sithuba ke uKalebhi wasuka wababeth' emlonyeni abo babenika ingxelo kuMosis, wathi: “Mawethu, kuf' ayayo! Masinyuke ngoku siye kulihlasela elaa lizwe. Sinako ukubaswantsulisa abaya bantu.”

[31]Kambe ke oogxa bakhe baphikelele bathi: “Ayikho indlela yokubahlasela, kuba ziingwanyalala kunathi.”

[32]Ngoko ke lo moya wabo bawuhlwayela apho kumaSirayeli ngemeko yelo lizwe babevela kulo. Bade bathi: “Elo lizwe linengozi; kuyatshatyalalwa apho. Abantu bakhona baziingxilimbela;

[33]siyibonile nenzala ka-Anaki. Ngokubona kwethu, thina sinjengeentethe kubantu belo lizwe; makube kukwanjalo nasekuboneni kwabo.”

Eyasentlango 14

AmaSirayeli ayakhalaza

[1]Ke kaloku ibandla liphela lamaSirayeli latsho ngesimbonono lakhala bonke obo busuku.

[2]Ewe, uSirayeli wakhalaza kuMosis noAron, esithi: “Akwaba sasifele eJiputa, okanye sifele kule ntlango.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

3Ngani ukuba uNdikhoyo asise kwilizwe elinjalo? Kuba kucacile ukuba siya kufel' emfazweni, baze abafazi nabantwana bethu babe ngamaxhoba. Anitsho nina ukuba kubhetele sibuyele kwaseJiputa?”

4Baza ke bacebisana bathi: “Masizikhethele inkokheli yokusibuyisela eJiputa.”

5Kwesi sithuba ke uMosis noAron bathi guqaqa apho phambi kwebandla lakwaSirayeli liphela.

6Ke yena uYoshuwa unyana kaNune, noKalebhi unyana kaJefune, abanye bezaa ntlola, basuka baziqwenga iimpahla zabo ngenxa yokukhathazeka,

7baza babhekisa kumaSirayeli, bathi: “Hayi bo! Elaa lizwe sivela kulijonga lelihle kunene.

8Ukuba uNdikhoyo uyakholwa sithi, uza kusisa kulo, alinikezele kuthi, yeka ke kambe indyebo yalo – liyintombazana!

9Nto nje nina musani ukumvukela uNdikhoyo,ningabaxhaleli nabemi belo lizwe, kuba siya kuboyisa lula. UNdikhoyo ungakuthi, ibe ke bona bakukutya kwethu, kuba izithixo zabo azinakubanceda. Hayi bo, sanukuba nadyudyu ngenxa yabo!”

10Ke kaloku amaSirayeli ephela athi selezimisele ukubaxuluba ngamatye, suka abona ngobukhazi-khazi bokukhazimla kukaNdikhoyo bukhakhaba phezu kwesibingelelo.

UMosis uyatarhuzisa ngenxa yamaSirayeli

11 UNdikhoyo ke wadanduluka wathi: “Koda kube nini aba bantu bendidela? Koda kube nini benganditembi, nangona sendenze imimangaliso engaka nje phakathi kwabo?

12Yini le! Ndiza kubathumela ngobhubhani ndibatshabalalise. Kambe ke wena, nenzala yakho, ndiza kukwenza isizwe esikhulu nesinobungangamsha kunabo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

13Ke yena uMosis waphendula wathi kuNdikhoyo: “Awu, Mhlekazi, koba yini amaJiputa akuyiva loo nto? Kaloku nguwe owakhupha aba bantu phakathi kwawo ngamandla akho.

14Abemi beli lizwe sebezivile iindaba zokuba wena Ndikhoyo uhamba nawo amaSirayeli, abantu bakho, yaye ubonwa ngamehlo; futhi nelifu lakho lisoloko lijinga phezu kwawo. Bevile nokuba wena emini uwakhokela ngomqulu welifu, uze uwakhokele ngomlilo odangazelayo ebusuku.

15Ngoko ke ukuba uyawatshabalalisa, ezi zizwe zivileyo ngodumo lwakho ziya kuthi

16aba bantu bakho ubatshabalalisele kule ntlango kuba woyisiwe kukubasa kwelo lizwe wawubathembise ngalo ngesifungo.

17Ndiyakubongoza ke ngoko, Mhlekazi, ukuba ukhe uphuhlise amandla akho ngokwelizwi lakho elithi:

18‘Mna Ndikhoyo andicaphuki msinya, koko ndiyimvuze-mvuze ngothando; futhi ndiyabaxolela abonayo nabakreqi. Kambe ke andibuyi ngamva ekubohlwayeni abanetyala. Ngenxa yesono sabazali abantwana ndibohlwaya ndide ndiye kuqhina kwesesithathu nakwesesine isizukulwana.’

19Ngoko ke, camagu, lala ngenxeba, Mhlekazi! Khawenze ngokwezibele zothando lwakho olungaphele ndawo, ubuxolele ubugwenxa baba bantu. Njengoko wasoloko umana ubaxolela oko semkayo eJiputa, nakalokunje, Mhlekazi, makube chosi, kube hele!”

20UNdikhoyo waphendula wathi: “Hayi ke, ndiyabaxolela ngokwesicelo sakho.

21Kodwa ke ngenene ndiyafunga, ndikho nje, obam ubungangamsha buzalise ihlabathi jikelele.

22Ngoko ke akukho nanye indoda kwaba bantu eya kufika kwelo lizwe. Kaloku babubonile ubukhazikhazi obuntama ukuba ndikho, ndawonye

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

nemiqondiso endayenza eJiputa nakule ntlango; kodwa nakuba kunjalo bayaphindelela ukundivavanya, besala ukundithobela.

23Soze athi cakatha kwelo lizwe ndathembisa ngalo ooyise ngesifungo. Soze bangene kulo bonke abandidelayo.

24“Kambe sona isicaka sam uKalebhi akafani nabo. Yena waba soloko endithobela, ngoko ke yena ndiya kumngenisa kwelo lizwe walibonayo, yena nesizukulwana sakhe.

25Njengoko loo mhlaba untili zawo zimiwe ngama-Amaleki namaKanana ngoku, jikani ngomso, nihambe niye entlango ngecala loLwandle oluBomvu.”

Isohlwayo ngenxa yokukrokra

26 UNdikhoyo wabhekisa kuMosis noAron, wathi:

27“Kanti koda kube nini ezi zikhohlakali zabantu zindikrokrela? Hayi, ndanele zizikrokro zabo!

28Ngoko ke baxeleleni ukuba ndithi: ‘Ngenene, ndingophilayo nje, ndiyafunga, ndiza kunenzela kanye le nto niyithethileyo. Nditsho mna Ndikhoyo.

29Niza kufa, zaye ke izidumbu zenu ziya kuqungquluza kule ntlango. Kaloku niyandikhalazela, ngoko ke bonke ababudala bungaphezu kwamashumi amabini soze bangene kwelo lizwe.

30Ndathembisa ukuba elo lizwe loba lelenu, kodwa akukho namnye kuni uya kulifumana, ngaphandle kukaKalebhi noYoshuwa.

31Abo bantwana benu nina nithe boba ngamaxhoba mna ndiza kubangenisa kwelo lizwe nilibukulayo nina, lize limiwe ngabo.

32Okokwenu ke nina niza kufela apha kule ntlango.

33Koda kufe nowokugqibela kuni, abantwana benu bezizibhadu-bhadu amashumi amane eminyaka apha kule ntlangongenxa yokungandithobeli kwenu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

34Ewe, yoba yiminyaka emashumi mane nisitya iziqhamo zokukreqa kwenu;
unyaka ngamnye umele usuku ngalunye kwezo zathathwa ziintlola kwelo
lizwe. Niza kuthi shuu ngenxa yezono zenu, nibuve ubunzima bokuchaswa
ndim!

35Ngenene mna Ndikhoyo ndiyafunga, ndiza kuyenza le nto kuni,
zikhohlakalindini zabantu ezidibene ngam. Nonke, ngabanye ngabanye, niza
kufela apha kule ntlango.' "

36-37Ezaa ntlola zazithunywe nguMosis kwelaa lizwe zabuya nengxelo
engatshongo khona ngalo, yawatsho amaSirayeli amkhalazela uNdikhoyo.
Ngoko ke uNdikhoyo wawabetha ngobhubhani afa.

38Kwelo shumi linambini leentlola kwasinda uYoshuwa noKalebhi kuphela.

Ilinge lokuhlasela iKanana
(Hlaz 1:41-46)

39AmaSirayeli enza isijwili esilusizi uMosis akuwaxelela into ethethwa
nguNdikhoyo.

40Ke kaloku avuka ekuseni ngomhla olandelayo, aphuma esiya kweleentaba.
Ayevuma esithi: "Ngenene sonile; kodwa ke ngoku sikulungele ukuya kulaa
ndawo ebethe masiye kuyo uNdikhoyo."

41Kambe ke uMosis wawanqanda esithi: "Kutheni nitsiba umyalelo
kaNdikhoyo nje?

42Aniyi kuba nampumelelo. Musan' ukuya, kuba uNdikhoyo akakho ngakuni;
ngoko ke niya koyiswa ziintshaba.

43Niya kuqubisana nama-Amaleki namaKanana. Nofela apho edabini, kuba
engekho ngakuni uNdikhoyo, ngenxa yokuba nina nikreqile ekumlandeleni."

44Kodwa ke anyanzelisa aya kuloo mmandla weentaba, nangona ityesi
yomnqophiso ngokunjalo noMosis wayesele ngemva.

45Wona ke ama-Amaleki namaKanana, abemi baloo mmandla, bawahlasela
bawoyisa amaSirayeli, baza bawaswantsulisa aya kutsho eHoma.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Eyasentlango 15

Mayela namadini

1 UNdikhoyo wathi kuMosis

2makathethe namaSirayeli, athi: “Nakuba nifikile kwelo zwe ndininike lona ukuba libe lelenu,

3kungánikelwa ngenkomo, noba yigusha, okanye ibhokhwe, xa kusenziwa amadini ngomlilo, nokuba lidini elitshiswayo, nokuba lelinye idini elisisifungo, okanye elokuqhutywa yintliziyo, okanye elamathuba emibhiyozo. Amadini anje ke alivumba eliyolileyo kuNdikhoyo.

4Ke yena umntu owenzela uNdikhoyo idini elinjalo makathathe ikhilogram yomgubo wengqolowa oxutywe nelitha yamafutha omnquma, ukuze ube ngumnikelo wokutya,

5ngokunjalo ngesilwanyana ngasinye aphathe nelitha yewayini ibe ngumnikelo othululwayo.

6Xa kusenziwa idini ngenkunzi yegusha, mayihambe neekhilogram ezimbini zomgubo wengqolowa oxutywe nelitha enesiqingatha yamafutha omnquma ukwenzela umnikelo wokutya,

7ngokunjalo nelitha enesiqingatha yewayini engumnikelo othululwayo. Ivumba lamadini anje ke liyolile kuNdikhoyo.

8-9Kanti ke xa kusenzelwa uNdikhoyo idini elitshiswayo, noba lidini lesifungo, okanye idini lobudlelwana, inkunzi yenkomo mayihambe neekhilogram ezintathu zomgubo wengqolowa oxutywe neelitha ezimbini zamafutha omnquma, uze ube ngumnikelo wokutya,

10ngokunjalo neelitha ezimbini zewayini, zibe ngumnikelo othululwayo. Eli ke lidini lomlilo elivumba liyolileyo kuNdikhoyo.

11“Kuya kuqhutywa ngolu hlobo ke, kwinkunzi yenkomo nganye, inkunzi yegusha, noba lixhwane elililiduna legusha okanye elebhokhwe.

12Maze kwenziwe njalo ngedini ngalinye nokuba mangaphi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

13Onke amaSirayeli omthonyama makenjenje ke xa esenza idini ngomlilo, dini elo lileliyolileyo kuNdikhoyo.

14Nanini na xa owolunye uhlanga ophakathi kwenu esenza idini ngomlilo elivumba liyolileyo kuNdikhoyo, naye makahambe kwangale miqathango.

15Nakwizizukulwana ezizayo ke le miqathango soze ithini kumaSirayeli ngokunjalo nakubangeneleli. Kaloku ngokukaNdikhoyo akukho mahluko phakathi kwenu neentlanga.

16Ewe, le mithetho nale miqathango inibandakanya nonke."

17UNdikhoyo wathi kuMosis

18makathethe namaSirayeli, athi: "Nakufika kwilizwe endinisa kulo,

19xa nisitya ukutya kwelo zwe, maze ninikele inxalenye kuNdikhoyo.

20Kwisivuno sengqolowa iqebengwana lokuqala malinikelwe libe ngumnikelo wesivuno.

21Apha ke nakwixa elizayo noqhuba njalo nenze umnikelo kuNdikhoyo womgubo wesivuno sokuqala."

Amadini ezono zempazamo

22Waqhuba wathi uNdikhoyo: "Xa kwenzekile ukuba umntu othile ayaphule ngempazamo le miyalelo inikwe uMosis nguNdikhoyo,

23mhlawumbi kwenzeke ukuba izizukulwana ezizayo zamaSirayeli ziyiphazame ngokungaqondi le miyalelo, koqhutywa ngolu hlobo:

24Ukuba loo mpazamo yenzeke ngokungaqondi kwebandla liphela, kofuneka kuthathwe inkunzi eselula yenkomo, kwenziwe idini elitshiswayo ngayo – dini elo ke lithandekayo kuNdikhoyo – likhatshwe ngokomgaqo ngumnikelo wokutya nothululwayo, kongezwe nenkunzi yebhokhwe, ibe lidini lesono.

25Ngezi zinto umbingeleli uya kucamagushela ibandla lamaSirayeli, lize lixolelwe. Kaloku impazamo leyo yeyokungaqondi, ibe ke futhi elenzile idini ngomlilo elikwalidini lesono.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

26Ibandla liphela ndawonye nabangeneleli baya kuxolelwa, kuba kaloku xa bebonke iyababandakanya le mpazamo.

27“Xa umntu one ngempazamo, makenze idini lesono ngethokazi lebhokhwe elinyaka mnye.

28Umbingeleli uya kumngxengxezela phambi koNdikhoyo loo mntu wone ngempazamo, aze ke axolelwe.

29Koqhutywa ngaloo ndlela ke nakubani na owone ngokungaqondi, noba ngowomthonyama, okanye umngeneleli.

30“Kambe ke yena umntu owone ngabom, engowomthonyama okanye umngeneleli, woba netyala lokunyelisa uNdikhoyo. Ngoko ke makabulawe,

31kuba akalikhathalelanga ilizwi likaNdikhoyo, waza wawaphula umyalelo wakhe ngabom. Xa kunjalo ke woba uzenzakalise ngokwakhe.”

Umntu osebenza ngoMhla wokuPhumla

32Ngamhla uthile amaSirayeli eselapho entlango kwabhaqwa umntu etheza ngoMhla wokuPhumla.

33Wabanjwa wasiwa kuMosis noAron nebandla liphela.

34Waza wakhe wavalelwa, kuba ingekacaci into emayenziwe ngaye.

35 UNdikhoyo ke wayalela uMosis, wathi: “Makabulawe! Ibandla liphela malimkhuphele ngaphandle komzi, limxulube ngamatye ade afe.”

36Ngoko ke amaSirayeli ephela amkhuphela ngaphandle, amkhanda ngamatye wada wafa ngokomyalelo kaNdikhoyo.

Mayela neentshinga

37 UNdikhoyo ke wathi uMosis

38makathethe namaSirayeli, athi: “Nanini na fakani iintshinga kumasondo eempahla zenu. Intshinga nganye ke mayibe nomtya omzuba.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

39Ezo ntshinga zoba sisikhumbuzo, nize nithi maxa onke nizibona zitsho
nikhumbule imiyalelo kaNdikhoyo niyithobele, khon' ukuze ningahendeki
nibhaduliswe ziinkanuko zenu.

40Zona ziya kuhlala zinikhumbuza ukuthobela imiyalelo yam; nize ke
ngokwenjenjalo nibe libango lam ncam.

41Mna ndinguNdikhoyo, uThixo wenu, owanikhupha kwelaseJiputa, khon'
ukuze ndibe nguThixo wenu. Ngenene mna ndinguNdikhoyo uThixo wenu!”

Eyasentlango 16

Ugwayimbo lukaKora

1-2UKora unyana kaIzare, umKohati wendlu kaLevi, wagaya amadoda athile,
baza bamvukela uMosis. Wayekunye namaRubhen, uDatan noAbhiram,
oonyana bakaEliyabhi, no-On unyana kaPelete. Babexhaswa naziinkokheli
ezaziwayo zamaSirayeli ezazalathwe ngumzi ukuba zibe liqoqo,
zingamakhulu amabini anamashumi amahlanu.

3Beza belihlokondiba elichase uMosis noAron, baza bathi kubo: “Kungokunje
nigabadele! Ubonanje ibandla liphela lamaSirayeli libango likaNdikhoyo;
kwaye futhi uNdikhoyo ukho phakathi kwalo. Ngani ke ukuba nizenze
bhetele kangaka kunebandla lamaSirayeli?”

4UMosis ke uthe akuweva la mazwi, wawa ngamadolo.

5Waza ke wabhekisa kuKora nabalandeli bakhe, wathi: “Ngomso kusasa
uNdikhoyo uza kukhe asibonise ukuba ngubani na kanye umnyulwa wakhe.
Lowo ke ungowakhe ncam, lowo amkhethileyo, uya kumsondeza.

6-7Ngomso kusasa kufuneka wena Kora nabalandeli bakho nithathe imicephe
yomlilo, niyifake amalahle avuthayo, nigalele isiqhumiso, niye nayo eqongeni
phambi koNdikhoyo. Uya kucaca ke oyena unyuliweyo nguNdikhoyo. Nini
kanye baLevi aba bagabadeleyo!”

8UMosis waqhuba wathi kuKora: “Khanitsho, baLevi,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9ngaba niyidelile into yokuba uThixo kaSirayeli anibekele bucala
kumaSirayeli ephela, ukuze nisondele kuye, nisebenze esibingelelweni sakhe,
nibuse ngenxa yamaSirayeli?

10Nakuba nina baLevi niphela eninike eli wonga nje, ngoku senitsazele
nasebubingelelini?

11Eneneni nguNdikhoyo lo nimvukeleyo, wena nehlokondiba lakho, engubani
yena uAron nide nimkhalazele nje."

12Ke kaloku uMosis wathumela wabiza uDatan noAbhiram, kodwa bona
baphendula bathi: "Asizi!

13Akwanelanga yile nto uyenzileyo yokusikhupha eJiputa, ilizwe lamasi
nobusi, uze kusibulala kule ntlango? Ngoku sowuzenza itshawe phezu
kwethu,

14ngoku ungekasifikisi kwelaa lizwe lamasi nobusi, ungekasiniki nelifa
lamasimi nezidiliya! Ucinga ukuba siziimfama? Asizi!"

15Wabhabhama ngumsindo uMosis, wathi kuNdikhoyo: "Uze ungawamkeli
amadini ala madoda. Mna ndimsulwa kuwo; zange ndithathe nedonki le
yawo."

16-17UMosis wathi kuKora: "Ngomso wena naba bantu bakho bangamakhulu
amabini anamashumi amahlanu ze niye esibingelelweni; noAron uya
kubakho. Umntu ngamnye ke kuni aze athathe umcephe womlilo, awufake
isiqhumiso, awuzise kwiqonga phambi koNdikhoyo."

18Ngenene ke indoda nganye kubo yathatha umcephe womlilo, yawufaka
amalahle nesiqhumiso, yema esangweni lesibingelelo kunye noMosis noAron.

19Ke kaloku uKora wabaqokelela bonke abangakuye, bema bajonga kuMosis
noAron esangweni lesibingelelo. Kuthe kusenjalo suka kwavela ubuqaqawuli
bukaNdikhoyo kumaSirayeli ephela,

20waza ke uNdikhoyo wabhekisa kuMosis noAron, wathi:

21"Khwelelani kwaba bantu. Ndiza kubatshabalalisa ngephanyazo!"

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22Kambe ke uMosis noAron bakhahlela, bawa ngamadolo, badanduluka bathi:
“Awu, Thixo, wena mthombo wobomi, kaloku kone umntu wamnye qha,
ungathini ke ukusuka ulwe namaSirayeli ephela?”

23UNdikhoyo wayalela uMosis ukuba

24athi kumaSirayeli: “Khwelelani kwimizi yooKora noDatan noAbhiram.”

25Ke kaloku uMosis wahamba waya kuDatan noAbhiram elandelwa
ziinkokheli zamaSirayeli.

26Wabhekisa kumaSirayeli, wathi: “Khwelelani kwimizi yala madoda
akhohlakeleyo, ningakhe nichukumise nento le yawo, hleze nani nitshayelwe
kunye nawo ngenxa yezono zawo.”

27Ngoko ke amaSirayeli azikhwebula kwimizi yooKora noDatan noAbhiram.
Ke kaloku uDatan noAbhiram babephumile, bema kwiminyango
yezindlu zabo, ndawonye nabafazi nabantwana kwaneentsana.

28Ke uMosis wabhekisa kumaSirayeli, wathi: “Ngoku kuza kucaca kuni, kuba
ngenene ezi zinto andizenzeli ngokuthanda kwam, koko nguNdikhoyo
ondithuma ukuba ndizenze.

29Ukuba la madoda abulewe zizifo nje eziqhelekileyo, ze nazi ukuba
akandithumanga uNdikhoyo.

30Kambe ke ukuba uNdikhoyo wenze into engazange ihle nanini na,
kwavuleka umhlaba, waginya la madoda nako konke okwawo, ngohlobo
lokuba ehle aye kwelabafileyo ehleli, ze niqonde kakuhle ke ukuba aba bantu
bamdelile uNdikhoyo.”

31Wathi ke egqiba nje ukuthetha, suka waqhekeka umhlaba!

32Bimbilili wabaginya ooDatan noAbhiram ndawonye nemizi yabo,
ngokunjalo nabalandeli bakaKora nako konke ababenako.

33Ngoko ke bangcwatywa behleli, baya kwelabafileyo ndawonye nako konke
okwabo. Wabuya wavaleka ke umhlaba, banyamalala ke bona.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

34Onke ke amaSirayeli awayelapho acela kooxhongo akusiva isikhalo sabo. Akhwaza athi: “Kunyembelekile! Sabani, hleze nathi usiginye umhlaba!”

35Kwaza ke kwaphuma umlilo uvela kuNdikhoyo, wawalenya atsha loo makhulu mabini anamashumi amahlanu amadoda awayesondeza isiqhumiso.

Imicephe yomlilo

36 UNdikhoyo ke wayalela uMosis, wathi:

37“Yithi kuElazare unyana wombingeleli uAron asuse imicephe yomlilo yobhedu kuthuthu lwalaa madoda atshileyo, aze wona amalahle akuyo awasarhaze, kuba imicephe leyo ingcwele.

38Kaloku yaba ngcwele ukusondezwa kwayo kuNdikhoyo. Makayithathe imicephe leyo yaloo madoda afe ngenxa yesono sawo, aze ayikhande ibe ngamacwecwe amcaba, agqume ngayo iqonga lamadini. Loo nto yoba sisikhumbuzo kumaSirayeli.”

39Ngenene ke uElazare umbingeleli wayithatha imicephe leyo, yaza yakhandwa yangamacwecwe okugquma iqonga lamadini.

40Esi ke yaba sisikhumbuzo kumaSirayeli, khon' ukuze angalibali ukuba akukho mntu uvumelekileyo ukuba aye kwiqonga lamadini, enze isiqhumiso phambi koNdikhoyo, engenguye owomlibo ka-Aron. Ngapha koko ke owenze into enjalo uya kutshatyalaliswa, axel' uKora nabantu bakhe. Yonke ke le nto yenziwa ngokomyalelo owathunyelwa nguNdikhoyo kuElazare ngoMosis.

UAron uhlangula amaSirayeli

41Ngomhla olandelayo ke ibandla lakwaSirayeli liphela lakhalazela uMosis noAron lisithi: “Nina nibulele abantu bakaNdikhoyo.”

42Emva kokuba beqokelelene bagwayimbela uMosis noAron, bajika basingisa ngasesibingelelweni, baza balibona ilifu lisigqumile ngequbuliso, ngokunjalo kwabonakala nobungangamsha bukaNdikhoyo.

43UMosis noAron baya kuma phambi kwesibingelelo.

44Ke uNdikhoyo wathetha noMosis, wathi:

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

45“Buy' umva, nikhwebuke kwaba bantu; ndiza kubatshabalalisa
ngephanyazo!” Kwesi sithuba ke bobabini bawa ngamadolo;

46waza ke uMosis wabhekisa kuAron wathi: “Thatha umcephe wakho
womlilo, ugalele amalahle owathatha kwiqonga lamadini, uthi saa
isiqhumiso. Wakugqiba ke, khawuleza uye phaya ebantwini ubacamagushele.
Khawulezisa, kuba uNdikhoyo uyavutha ngumsindo, ibe ke sezibonakala
iimpawu zikabhubhani.”

47Ngoko nangoko ke uAron wawuthobela umyalelo kaMosis, wawuthatha
umcephe wakhe, wakhawuleza waya kungena phakathi kwebandla
lamaSirayeli. Wathi akubona ukuba ubhubhani seleqalisile, wafaka
isiqhumiso apho emalahleni, wawacamagushela amaSirayeli.

48Wema phakathi kwabahleliyo nabafi, wanqamka ubhubhani lowo.

49Ke kaloku abantu abafa ngeso sihlandlo sodwa yaba lishumi elinesine
lamawaka anamakhulu asixhenxe, ngaphandle kwabo bafa mhla
ngogwayimbo lukaKora.

50Akuba enqamkile ke ubhubhani lowo, uAron wabuyela kuMosis esangweni
lesibingelelo.

Eyasentlango 17

Intonga ka-Aron

1 UNdikhoyo wathi kuMosis:

2“Thetha namaSirayeli, uthathe iintonga zibe lishumi elinambini
kwiinkokheli zakwaSirayeli; ibe nye intonga kwindlu nganye. Kwintonga
yenkokheli nganye bhala igama layo,

3uze ubhale igama lika-Aron kwintonga yendlu kaLevi. Ngoko ke inkokheli
yendlu nganye yoba nentonga yayo.

4Zithathe ezo ntonga, uye nazo esibingelelweni, uzibeke phambi kwetyesi
enobungqina bomnqophiso apho ndidibana khona nani.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5Intonga yendoda endiyinyulileyo iya kuntshula amagqabi. Ngaloo ndlela ke ndiya kuluphelisa uzenge-zenge lwezikhalazo zamaSirayeli ngakuwe.”

6Ngenene ke uMosis wayalela amaSirayeli ukuba inkokheli nganye imnike intonga; zaza ke zenjenjalo. Inkokheli yendlu nganye yakhupha intonga; zaza ke zaba lishumi elinambini zizonke, neka-Aron ikwalapho.

7Xa zizonke ezo ntonga ke uMosis wangena nazo esibingelelweni, wazibeka phambi kukaNdikhoyo.

8Ngengomso ke uMosis akungena esibingelelweni wafumanisa ukuba intonga ka-Aron, emele indlu kaLevi, intshule amagqabi. Ewe, yantshula yanamathupha, yaza yavelisa neentyatyambo ngokunjalo neziqhamo zealmondi!

9UMosis ke wazithatha zonke ezo ntonga, waphuma nazo, wazibonisa amaSirayeli. Ke wona ayibona into eyenzekileyo, yaza ke yayileyo inkokheli yathatha eyayo.

10UNdikhoyo wayalela uMosis ukuba athathe intonga ka-Aron, ayibeke kwaphambi kwetyesi yomnqophiso.Watsho esithi mayigcinwe apho, khon' ukuze ibe sisikhumbuzo kumaSirayeli agwayimbayo, khon' ukuze ayeke ukukhalaza, hleze afe.

11UMosis ke wenza ngokwaloo myalelo kaNdikhoyo.

12AmaSirayeli ke athi kuMosis: “Xa kuyiloo nto ke sifile; kuphelile kuthi!

13Nomntu othe cakatha nje ukusondela esibingelelweni uza kufa. Ngaba ke siza kufa sonke?”

Eyasentlango 18

Imisebenzi yababingeleli nabaLevi

1 UNdikhoyo wathi kuAron: “Wena noonyana bakho ndawonye nabaLevi nithwala uxanduva ngaso nasiphi na isigqitho esinxulumene nokubusa esibingelelweni; kodwa nguwe kuphela noonyana bakho abaya kuthwala uxanduva ngesigqitho esinxulumene nobubingeleli.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Phuthuma abo uzalana nabo bendlu kaLevi, usebenze nabo bakuncedise
xeshikweni wena noonyana bakho nibusayo esibingelelweni.

3AbaLevi baya kujongwa nguwe ngokwemisebenzi yabo esibingelelweni,
kodwa mabangasondeli nokusondela kwimpahla yegumbi eliyingcwele
okanye eqongeni lamadini, kungenjalo baya kufa kunye nani.

4Umsebenzi wabo baya kuwufezekisa ngokuncedisana nani esibingelelweni,
ke yena umntu ongomnye ongenalungelo angaze asebenze nanini
esibingelelweni.

5“Nini emanithwale uxanduva lokulungiselela egumbini eliyingcwele
nakwiqonga lamadini, khon' ukuze uNdikhoyo angaphindi awavelele
ngomsindo amaSirayeli.

6Ndim ngokwam ozinyulele abanakwenu abaLevi kumaSirayeli. Basisipho
kuni babingeleli, khon' ukuze benze imisebenzi esibingelelweni.

7Nguwe noonyana bakho kuphela abanoxanduva lokulungiselela mayela
neqonga lamadini ndawonye negumbi eliyingcwele kangcwele. Lo msebenzi
wenu wobubingeleli sisipho enisinikwa ndim. Nabani na othe wasondela
kwizinto ezingcwele engenalungelo wobulawa.”

Inxaxheba yababingeleli

8 UNdikhoyo wathi kuAron: “Iminikelo eyenzelwa mna yolawulwa nguwe;
yonke iminikelo eyenziwe ngamaSirayeli kum ndiyinika wena noonyana
bakho ibe yinxaxheba nesabelo senu esisisigxina.

9Inxaxheba yeminikelo engayi kutshiswa eqongeni yeyenu – nditsho yonke
iminikelo eyodwa, nokuba yeyokutya, okanye yeyentlambululo, okanye
yeyembuyekezo. Loo nxaxheba yeyakho noonyana bakho.

10Ezi zinto ze niqonde ukuba zingcwele, nizityele endaweni engcwele, zityiwe
ngamadoda kuphela.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11“Nayiphi na eminye iminikelo enikelwa kum ngamaSirayeli yeyenu. Ndiyipha wena noonyana neentombi zakho, isisabelo senu esisisigxina. Yona ke yotyiwa nguye nabani na ongenamlaza kwintsapho yakho.

12-13“Ndikunika lonke ulibo lwezilimo oluziswa ngamaSirayeli kuNdikhoyo: amafutha omnquma, iwayini, nengqolowa. Zonke ke zoba zezakho, zityiwe ngabo bonke abangenamlaza kwintsapho yakho.

14“Yonke into kwaSirayeli enikelwe kuNdikhoyo qwaba yeyakho.

15Lonke izibulo, elomntu nelemfuyo, elinikelwa ngamaSirayeli kum, lelakho. Kodwa ke makahlawulelwe umntwana wamazibulo, nezibulo lesilwanyana esingàtyiwayo ngokunjalo.

16Amazibulo makahlawulelwe xa anenyanga enye ezelwe, kukhutshwe ixabiso eliziingqekembe zesiliva ezintlanu ngokomlinganiselo ovunyiweyo.

17Kambe ke amazibulo eenkomo, iigusha, neebhokhwe, wona akayi kuhlawulelwa. Wona ngakaNdikhoyo poqo; makenziwe idini. Igazi lazo makufefwe ngalo iqonga lamadini, amanqatha azo atshiswe abe lidini ngomlilo – dini elo livumba liyolileyo kuNdikhoyo.

18Ke yona inyama yazo yoba yeyakho, njengencum nomlenze wasekunene kwidini eliwanga-wangiswayo.

19“Yonke iminikelo eyodwa evela kumaSirayeli ndiyipha wena noonyana neentombi zakho zisisabelo senu esisisigxina. Lo ke ngumnqophiso ongasoze uthini endiwenza nawe nesizukulwana sakho.”

20UNdikhoyo wathetha noAron, wathi: “Ke wena apha kwaSirayeli akuyi kuzuza sabelo sililifa lakho, ungayi kuzuza namhlaba. Kaloku esakho isabelo, ndawonye nelifa, ndim mna Ndikhoyo.”

Inxaxheba yabaLevi

21 UNdikhoyo wathi: “Sonke isishumi esivela kumaSirayeli soba yinxaxheba yabaLevi ngenxa yoxanduva lokujonga isibingelelo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

22Ke wona amaSirayeli angawambi akufuneki nganto ukuba abe nento
ayenzayo esibingelelweni, khon' ukuze angasifumani isohlwayo sokufa.

23Ngoko ke ukusukela ngoku ngabaLevi kuphela amabajongane nesibingelelo,
sibe luxanduva lwabo ngokupheleleyo. Lo mthetho ke uya kuhlala umi
nakwizizukulwana ezizayo. AbaLevi abasayi kuze babe nalifa lilelinye
kwaSirayeli,

24kuba kaloku bona ndibanike isabelo esizizishumi endizinikwa
ngamaSirayeli. Kungenxa yaloo nto ke ndisithi nje bona abasoze babe nalifa
lilelinye kwaSirayeli."

Isishumi sabaLevi

25 UNdikhoyo wayalela uMosis

26ukuba athi kubaLevi: "Xa nisamkela isishumi esinikelwa ngamaSirayeli
kuNdikhoyo njengesabelo senu, kwalapho kuso khuphani isishumi enisinikela
kuNdikhyo.

27Lo mnikelo ke uya kuba njengomnikelo okhutshwa ngumlimi kwingqolowa
newayini yakhe.

28Ngale ndlela ke nani noba nako ukunikela kuNdikhoyo nicaphula kuzo
zonke izishumi enizamkelayo kumaSirayeli. Kwezi zishumi inxaxheba
kaNdikhoyo maze niyinike uAron umbingeleli.

29Ewe, nikelani ngezona-zona kwenizifumanayo, nditsho ezo zimfaneleyo
uNdikhoyo.

30Xa ninikela ngezona-zona kuya kuba njengaxa umlimi akhupha izishumi
zengqolowa newayini.

31Ke into eseleyo yeyenu neentsapho zenu; ningayityela naphi na, kuba
niyinikwa ingumvuzo womsebenzi wenu esibingelelweni.

32Xa ninikela ngezona-zona anisayi kuba natyala. Ngokwenjenjalo aniyi
kuyigqwalisa iminikelo engcwele yamaSirayeli, ningayi kufa nokufa."

Eyasentlango 19

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Amanzi entlambululo

1 UNdikhoyo wathetha noMosis noAron,

2wabanika le miyalelo, wathi: “Ngokommiselo kaNdikhoyo amaSirayeli makeze nethokazi lenkomo elibomvu, elingenasiphako, elingazange libotshwe,

3alinikezele kuElazare umbingeleli. Lothathwa ke likhutshelwe ngaphandle komzi wamaSirayeli, apho loxhelelwa khona ekho.

4UElazare ke uya kuthi nkxu umnwe egazini apho, aze atshize kasixhenxe ejongise kwisango lesibingelelo.

5Xa iyonke ke loo nkomo, ufele nenyama, igazi namathumbu, mazitshiswe apho phambi kombingeleli ejongile njalo.

6Ke yena uya kuthatha ukhuni lomsedare, ihlamvu lehisopu, nomtya obomvu, aziphose phezu kwelo thokazi litshiswayo.

7Kamva ke makahlambe iimpahla zakhe, ngokunjalo nomzimba, aze ke abe nokubuyela emzini. Kambe ke uya kuhlala engekahlambuluki kude kuhlwe.

8Naloo mntu ubetshisa le nkomo kufuneka ahlambe iimpahla nomzimba, kodwa naye akayi kuhlambuluka de kube ngorhatya.

9Uthuthu lweli thokazi ke maluwolwe yindoda ehlambulukileyo, ilubeke endaweni ehlambulukileyo, kwalapho ngaphandle komzi wamaSirayeli, apho luya kugcinwa khona libandla, ukuze amaSirayeli alusebenzise xa esenza amanzi entlambululo okususa isono.

10Loo mntu ubebutha uthuthu makazihlambe iimpahla zakhe, kodwa ke akayi kuhlambuluka kude kuhlwe. Lo mmiselo ke soze uthini nanini nanini; ngoko ke mawuthotyelwe ngamaSirayeli ngokunjalo nabangeneleli.”

Ukusetyenziswa kwamanzi entlambululo

11“Nabani na ochukumise isidumbu woba ugqwalisekile iintsuku ezisixhenxe.

12Ngoko ke kofuneka azihlambulule ngamanzi entlambululo kusuku lwesithathu, ngokunjalo nangolwesixhenxe, ukuze abe uhlambulukile. Kambe

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ke ukuba akazihlambululanga kuzo zombini ezi ntsuku, olwesithathu nolwesixhenxe, akayi kuhlambuluka.

13Ke yena ochukumise isidumbu waza akazihlambulula, ugqwalisa isibingelelo sikaNdikhoyo. Umntu onjalo makasikwe kwaSirayeli; kaloku akatshizwanga ngamanzi entlambululo. Wohlala egqwalisekile.

14“Nanku ummiselo ophathelele malunga nomntu ofele endlwini:nabani na olapho ngelo xesha, okanye ongenayo, uya kuba ugqwalisekile iintsuku zide zibe sixhenxe.

15Ngokunjalo nayiphi na ingqayi okanye imbiza engacikwanga yogqwaliseka nayo.

16Nomntu othe engaphandle phaya wachukumisa umntu ogetyengiweyo okanye ozifele nje, okanye ochukumise ithambo lomntu okanye ingcwaba, uya kugqwaliseka iintsuku ezisixhenxe.

17“Xa kuhlanjululwa umntu onjalo ke, kofuneka kucatshulwe kuthuthu lwethokazi elibomvu, lona luhlambululayo, lufakwe embizeni, luxutywe namanzi angcwengileyo.

18Wosuka ke umntu ohlambulukileyo athathe ihlamvu lehisopu, alithi nkxu apho emanzini, atshize indlu nako konke okukuyo, ngokunjalo nabantu ababelapho kuyo. Okanye umntu ohlambulukileyo uya kuthatha loo manzi atshize lowo uchukumise ogetyengiweyo, okanye ofileyo, mhlawumbi ochukumise ithambo noba lingcwaba.

19Kusuku lwesithathu, ngokunjalo nakolwesixhenxe, loo mntu uhlambulukileyo uya kutshiza lowo ugqwalisekileyo. Ngosuku lwesixhenxe ke uya kuhlambuluka loo mntu, akuba ezihlambile iimpahla zakhe, naye ngokwakhe ehlambe umzimba. Matshona kwelanga ke woba uhlambulukile.

20“Umntu ogqwalisekileyo, waza akazihlambulula, umelwe kukusikwa ebantwini, kuba unyelise isibingelelo sikaNdikhoyo. Kaloku akatshizwanga ngamanzi okuhlambulula; ngako oko uhlala egqwalisekile.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21Lo mmiselo mawuthotyelwe nini nanini. Umntu otshiza ngamanzi okuhlambulula makazihlambe iimpahla zakhe. Kanti ke nabani na ochukumisa amanzi okuhlambulula, uhlala engahlambulukanga kude kuhlwe.

22Nantoni na echukunyiswe ngumntu ogqwalisekileyo nayo iba njalo; futhi nabani na oyichukumisayo naye uhlala enjalo kude kuhlwe.”

Eyasentlango 20

Amanzi ampompoza eliweni

(Mfud 17:1-7)

1Kwathi ngenyanga yokuqala uSirayeli ephela wagaleleka kwintlango iZin, waza wamisa eKadeshe. Apho ke kulapho wafa waza wangcwatyelwa khona uMiriyam.

2Ke kaloku kwakungekho manzi kuloo ndawo. Ngoko ke amaSirayeli aqokelelana kuMosis noAron,

3alwa noMosis, athi: “Akwaba nathi sasife nabantakwethu phambi kwesibingelelo sikaNdikhoyo.

4Ngani ukuba thina bantu bakaNdikhoyo nisizise kule ntlango? Benifuna size kufela apha ndawonye nemfuyo yethu?

5Kakade, kwakutheni ukuze nisikhuphe eJiputa, nize kusifaka kwenje yona indawo, emhlaba ungavelisi nento le? Akukho ngqolowa namakhiwane, kungekho diliya narharnati; ke wona amanzi tu!”

6UMosis noAron balishiya ibandla, baya kuma esangweni lesibingelelo. Baguqa phantsi, baza ke babubona ubungangamsha bukaNdikhoyo.

7UNdikhoyo wathi kuMosis:

8“Thatha intonga ephambi kwetyesi yomnqophiso, uze wena nomntakwenu uAron nilihlanganise ibandla, uze ke uthethe neliwa bejongile. Kothi kumpompoze amanzi kulo, baze abantu nemfuyo yabo basele.”

9Ke uMosis wayithatha intonga leyo esibingelelweni ngokomyalelo kaNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Yena noAron bawaqokelela onke amaSirayeli apho phambi kweliwa, waza
wathi uMosis: “Phulaphulani, nina baqhankqalazi! Ngaba nifuna sikhuphe
amanzi kweli liwa?”

11UMosis wayiphakamsa intonga, walibetha kabini iliwa elo, kwaza ke
kwampompoza amanzi, abantu ndawonye nemfuyo basela.

12UNdikhoyo wabhekisa kuMosis noAron wathi: “Ngenxa yokungandithembi
nokungandiniki imbeko phambi kwamaSirayeli, anisayi kulikhokela eli
bandla nilingenise kwelo lizwe ndalithembisa lona.”

13Esi siganeko ke sehla eMeribha apho amaSirayeli amkhalazela khona
uNdikhoyo. Ke yena wazibonakalisa kuwo ukuba ungcwele.

AmaEdom axabile endleleni yamaSirayeli

14Ke kaloku uMosis wakhupha abathunywa, baya kukumkani wase-Edom,
esithi: “Nanku umyalezo ovela kubantakwenu amaSirayeli: ‘Uyazazi iinzingo
ezasihlelayo.

15Kaloku ookhokho bethu bafudukela eJiputa, apho sahlala khona iminyaka
ngeminyaka. AmaJiputa ke abaphatha kakubi ndawonye nathi.

16Sasuka ke sazibika kuNdikhoyo, waza ke yena wasabela, wathumela
isithunywa sakhe, wasikhupha eJiputa. Ngoku ke naku silapha eKadeshe,
idolophu esemideni yakho.

17Sicela ukuba usivumele sinqumle kulo mhlaba wakho. Siyathembisa ukuba
thina nemfuyo yethu siya kuhamba ngqo ngendlela, singaphambukeli
emasimini nakwizidiliya zakho, singayi kukhe sisele nakumaqula akho. Ewe,
siya kuthi ngqo ngohola, singaphambuki side siphume emhlabeni wakho.’ ”

18Ke wona amaEdom aphendula athi: “Unotshe! Akuyi kucanda apha.
Ukungena oku kwakho ndiya kuphuma ndikuhlasele.”

19AmaSirayeli aphendula esithi: “Siya kuhamba ngqo ngohola. Ukuba thina
okanye impi yethu ithe yasela amanzi akho, siya kuwahlawulela. Inye into
esiyifunayo, kukunqumla ngeenyawo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

20AmaEdom athi: “Anizukunqumla!” Aza ke amaEdom asuka nomkhosi omkhulu, afunza kumaSirayeli.

21Ke kaloku amaSirayeli ajika athatha ndlela yimbi, kuba amaEdom ewalela ukuba anqumle emhlabeni wawo.

Ukufa kuka-Aron

22USirayeli ephela wanduluka ke eKadeshe, waza waya kugaleleka kwintaba iHore

23kufutshane nomda wase-Edom. Apho ke uNdikhoyo wathetha noMosis noAron, wathi:

24“Wena Aron, uza kufa; akuzi kuya kufika kwelo lizwe ndamthembisa ngalo uSirayeli. Kaloku nina nobabini nawuvukela umthetho wam eMeribha.

25Ngoko ke, wena Mosis, thatha uAron nonyana wakhe uElazare, uye nabo kwintaba iHore.

26Khona apho ke uze uyithathe iminweba ka-Aron yobubingeleli, uyinxibe uElazare unyana wakhe, kuba uAron yena uza kufa.”

27UMosis wenza ngokwelizwi likaNdikhoyo. Benyuka baya kwintaba iHore, lonke ibandla libukele,

28waza uMosis wayikhulula iminweba yobubingeleli kuAron, wayinxiba uElazare. Ke yena uAron wafela apho phezu kwentaba, baza ke uMosis noElazare behla entabeni.

29Athi ke amaSirayeli, akuva ukuba uAron akasekho, amzilela iintsuku ezimashumi mathathu.

Eyasentlango 21

Ukoyiswa kwamaKanana

1Ke kaloku ukumkani waseAradi, umKanana, owayemi emazantsi eKanana, wathi akuva ukuba amaSirayeli ayeza ngendlela esinga eAtarim, wawahlasela, wada wawathimba amanye.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2AmaSirayeli ke asuka enza isifungo kuNdikhoyo, athi: “Ukuba usiphile amandla, saboyisa abo bantu, inene siya kubatshabalalisa ngokupheleleyo ndawonye nezixeko zabo.”

3Ngenene ke uNdikhoyo waweva amaSirayeli, waza wawanceda awoyisa awatshabalalisa tu amaKanana ndawonye nezixeko zawo. Loo ndawo ke ayithiya igama eliyiHoma.

Inyoka yobhedu

4Ukumka kwawo kwintaba iHore amaSirayeli ahamba ngendlela esinga kuLwandle oluBomvu, khon' ukuze bawucezele umhlaba wamaEdom.Endleleni ke apho amaSirayeli akruquka,

5aza amkhalazela uThixo ndawonye noMosis, athi: “Kwakutheni kakade ukuze usikhuphe eJiputa, sizokufela kule ntlango? Akukho kutya namanzi apha! Okokwayo ke yona le nkatshu-nkatshu isikruqule!”

6Ke uNdikhoyo wawathumela isibetho seenyoka ezinobuhlungu, zawaluma amaSirayeli, kwafa amaninzi.

7AmaSirayeli ke athi akuqonda ukuba enze imposiso, aya kuMosis, avuma athi: “Sonile ngokukrokrela uNdikhoyo ndawonye nawe. Khawusitarhuzisele, uNdikhoyo azisuse ezi nyoka.” Ngoko ke uMosis wawathandazela amaSirayeli.

8UNdikhoyo ke wathi kuMosis: “Yenza umfanekiso wenyoka, uwuxhome esibondeni, khon' ukuze athi nabani na olunywe yinyoka akhangele kuyo, aphile.”

9Ngenene ke uMosis wayenza inyoka ngobhedu, wayixhoma esibondeni. Nabani na ke olunywe yinyoka wayekhangela apho kuloo nyoka yobhedu, atsho aphile.

Ukuya kwintili yamaMowabhi

10AmaSirayeli ke anduluka, aya kumisa eObhoti.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Nalapha ke anduluka, aya kutsho kwi-Iye-abharim kwintlango esempuma yomhlaba wamaMowabhi.

12Ukusuka apho ke aya kumisa kwintili yaseZerede.

13Ukuphuma apha ke aya kumisa kwicala elingentla komlambo iAnoni, kwintlango ehamba iyokuthi xhaxhe kumhlaba wama-Amori. Ke iAnoni le yayingumda owahlula amaMowabhi kuma-Amori.

14Yiyo loo nto ke iNcwadi yamaDabi kaNdikhoyo ithetha ngezi ndawo nje: “Idolophu iWahebhi kwingxingwa kaSufa; umlambo iAnoni,

15namathambeka eentili eziyokuthi xhaxhe ngedolophu iAra, ukuya kuqhina kumda wamaMowabhi.”

16Ukuphuma apho ke aya kufika kwindawo ekuthiwa kuseBhere. Lelaa qula ke eli apho uNdikhoyo wathi uMosis makawaqokelele amaSirayeli, azokuwapha amanzi.

17Ngelo thuba ke amaSirayeli amemelela enjenje: “Khawutsabis' amanzi, qulandini! Ke thina sowamkela ngengoma.

18Iqula elimbiwe ngamatshawe, elingumsebenzi wezikhulu zasebantwini; elimbiwe ngomsimbithi wasebhotwe, ngokunjalo neentonga zakhona.” Ukuphuma apho entlango ke baya kugaleleka eMatana;

19baza ke ngokunjalo bagqitha eNahalile naseBhamoti,

20bandula ke ukuya kufika kwintili ekumhlaba wamaMowabhi, phantsi kwentaba iPisga ekrobele umqwebedu.

Ukoyiswa kukaSihon no-Ogi

21AmaSirayeli athumela izigidimi kuSihon ukumkani wama-Amori, athi:

22“Sivumele sinqumle elizweni lakho. Asiyi kuphambukela emasimini okanye ezidiliyeni, okanye sisele amanzi emaquleni. Siya kuhamba ngqo ngohola, side siphume emhlabeni wakho.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

23Kambe ke uSihon akavumanga ukuba amaSirayeli anqumle emhlabeni wakhe. Ndaweni yaloo nto waphuma nomkhosi wakhe, waya eJaza entlango, wawahlasela amaSirayeli.

24Kodwa ke amaSirayeli alwa alalis' ugodo, aloyisa utshaba ada awuthimba umhlaba walo, ukusukela kumlambo iAnoni ngasentla, ukuya kwiJabhoko; lelama-Amon ke elo. Kaloku umda wama-Amon wawukhuselwe.

25Ngoko ke amaSirayeli azithatha zonke izixeko zama-Amori, ngokunjalo neHeshbhon needolophu eziyingqongileyo, aza ema kuzo.

26IHeshbhon le ke yayisisixeko esilikomkhulu likaSihon, ukumkani wama-Amori. Wayelwe nokumkani wamandulo waseMowabhi, waza wawuhlutha umhlaba wakhe ukuya kuma ngomlambo iAnoni.

27Kuthe ke kwakuba nje zadanduluka iimbongi zathi: “Sangena ke thina boonomthina eHeshbhon, tsotsololo phakathi kwisixeko sikaSihon ukumkani! Hayi kambe, masisivuse sime ngeenyawo.

28Andithi na kanene kwalapha kuwe, sixekondini Heshbhon, yayisakuphum' imikhosi kaSihon, ilenya njengomlilo? Yadangazela yaleny' isixekw' iAra kwaMowabhi, yazitshayel' iinduli ezingunozala weAnoni.

29Mawoo! Lixubayele kuwe, Mowabhi! Banquli bakaKemoshe, aphelil' amahlathi! Kalok' ubayekil' oonyana bakhe baziimbacu, iintombi zangamaxhoba kaSihon, ukumkani wama-Amori.

30Kunamhlanje nje isizukulwana sibhangile kusukela eHeshbhon kuye kuthi gaa ngeDibhon; sivuthulule eNofa, sada saya kuthi xhaxhe ngeMedebha.”

31Aba ngaloo ndlela ke amaSirayeli ayawuma umhlaba wama-Amori.

32UMosis wathumela iintlola, zaya kujonga indlela yokuhlasela isixeko iJazere. Ngenene ke amaSirayeli ayihlasela iJazere needoluphu eziyingqongileyo, bawagxotha ama-Amori awayemi apho kuzo.

33Ke kaloku amaSirayeli ajika ajonga eBhashan. UOgi, ukumkani waseBhashan, waphuma nomkhosi wakhe, wawahlasela e-Edreyi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

34 UNdikhoyo wathetha noMosis, wathi: “Ungaxhali wena; naye lo ndiza kumenza abe lixhoba lakho ndawonye nomkhosi nomhlaba wakhe. Qhuba kwangalaa ndlela wawenze ngayo kuSihon ukumkani wama-Amori owayehlala eHeshbhon.”

35Ngoko ke amaSirayeli ambulala uOgi noonyana bakhe, ngokunjalo nabo bonke abantu bakhe, akashiya nempunde le. Ke wona loo mhlaba wakhe ema kuwo.

Eyasentlango 22

UBhalaki uthumela uBhalam

1Ke kaloku amaSirayeli anduluka, aza aya kumisa kumathafa aseMowabhi, kwimpuma yeJordan, malunga neJeriko.

2Uthe ke uBhalaki, ukumkani waseMowabhi, unyana kaZipore, akuziva izigigaba zamaSirayeli phakathi kwama-Amori,

3akubuqonda nobungakanani bawo, suka yena nabantu bakhe bankwantya.

4Ke amaMowabhi athetha neenkokheli zamaMidiyan, athi: “Eli hlokondiba losuka livuthulule nje konke kule ngingqi yethu, kanye oku kwenkunzi yenkomo igramza ingca edlelweni.” Ngoko ke ukumkani uBhalaki

5wathumela kuBhalam unyana kaBhehore owayesePetore ngakumlambo iEfrati, kumhlaba wamawabo. Umyalezo lowo wawusithi: “Ndiyakwazisa ukuba kukho isizwe esifikileyo apha siphuma eJiputa. Abantu baso banwenwele kulo lonke eli, futhi sebefike kwimida yam.

6Ngokwamanani bangaphezu kwethu; ngoko ke nceda uze kubaqalekisa. Mhlawumbi xa ubaqalekisile singanako ukuboyisa, sibadudule baphume kweli lizwe. Kaloku ndiyazi ukuba xa uthe wabathamsanqela abantu, bayathamsanqeleka; ukanti xa uthe waqalekisa, abantu bahlelwa lishwangusha.”

7Zasuka ke iinkokheli zamaMowabhi nezamaMidiyan zahamba ziphethe intlawulo kaBhalam. Zakufika kuye zawugqithisa umyalezo kaBhalaki.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8UBhalam wathi kuwo la madoda: “Lalani. Mna ndonazisa ngomso into endiyixelelwe nguNdikhoyo.” Ngenene ke amatshawe amaMowabhi alala apho kwaBhalam.

9UThixo wafika, wabuza uBhalam, wathi: “Ngoobani la madoda unawo apha?”

10Ke yena waphendula wathi: “UBhalaki, ukumkani waseMowabhi, unyana kaZipore, uthumele kum, wathi:

11‘Kukho isizwe esifikileyo siphuma eJiputa. Ngoku sinwenwela kuwo wonke umhlaba. Yiza usiqalekise eso sizwe, khon' ukuze ndibe nako ukusoyisa ndisidudule simke.’ ”

12UThixo wathi kuBhalam: “Uze ungahambi nala madoda; uze ungabaqalekisi abo bantu, kuba bathamsanqelekile.”

13Ngengomso ke uBhalam wabandulula abathunywa bakaBhalaki, wathi: “Buyelani ezweni lenu, kuba uNdikhoyo akavumi ukuba ndihambe nani.”

14Ngoko ke bagoduka, bafika bamxelela uBhalaki ukuba uBhalam walile ukuhamba nabo.

15Ngoku ke uBhalaki waphinda wathumela iqela leenkokheli ezaziwayo elikhulu kuneliya.

16Zaya kuBhalam, zafika zathi: “UBhalaki unyana kaZipore uthi mawuncede uye kuye, ungavumeli nasiphi na isithintelo,

17kuba uza kukuhlawula, waye uzimisele ukukwenzela nayiphi na into oyifunayo. Ngoko ke nceda uye kuqalekisa abaya bantu.”

18Kambe ke uBhalam waphendula wathi: “Noba uBhalaki ubeza kundinika ibhotwe lakhe lizele yigolide nesiliva bendingeze ndawaphula umyalelo kaNdikhoyo uThixo wam.

19Kodwa ke nani khanilale kwanjengabanye abaya, ukuze ndiphinde ndibuzise, hleze uNdikhoyo andinike myalelo wumbi.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

20Ngobo busuku uThixo wafika kuBhalam, wathi: “Njengoko la madoda eze kukulanda nje, lungisa uhambe nawo. Kambe ke uze wenze loo nto ndikuxelela yona.”

21Ngentsasa elandelayo ke uBalam wabopha idonki yakhe, wakhwela, wahamba nezo nkokheli zamaMowabhi.

UBhalam nedonki yakhe

22Uthe ke uBhalam akuba ehamba, suka wavutha ngumsindo uThixo. Wayesahamba njalo ekhwele kuloo donki yakhe enezicaka zakhe ezibini, suka isithunywa sikaNdikhoyo saxaba endleleni yakhe.

23Idonki ithe yakusibona isithunywa eso sixabile endleleni, siphethe ikrele, yacebuka endleleni, yangena emasimini. Suka ke uBhalam wayibetha, wayibuyisela endleleni.

24Ngoku ke isithunywa eso sema apho indlela imxinwa khona phakathi kwezidiliya ezibini, kwaye kukho uthango lwamatye ngapha nangapha.

25Idonki leyo ithe yakusibona isithunywa eso, yayama uthango olo, latsho lagruzuka unyawo lukaBhalam. Kwakhona uBhalam wayibetha idonki leyo.

26Kwakhona isithunywa sahambela phambilana, safika sema apho indlela yayimxinwa kangangokuba kungabikho sithuba sakudlula ngapha nangapha.

27Kwesi ke isihlandlo idonki ithe yakusibona isithunywa eso yalala phantsi. UBhalam wacaphuka, waza wayingena ngenduku idonki yakhe.

28Kwesi sithuba ke uNdikhoyo wayenza ukuba ikwazi ukuthetha idonki leyo, yaza ke yathetha yathi kuBhalam: “Kodwa kodwa ndikwenze ntoni? Yintoni kanye ondibethela yona kwezi zihlandlo zozithathu?”

29UBhalam waphendula wathi: “Kungoba uyandibhanxa! Ndiswele nje ikrele, ngendikubulele.”

30Idonki yaphendula yabuza yathi: “Andithi na kanene ndiyidonki yakho, le yasoloko ikuthwala bonke ubomi bakho? Ke, kukangaphi ndikuphatha ngolu hlobo?” UBhalam waphendula wathi: “Zange nakanye.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

31UNdikhoyo ke wenza ukuba uBhalam asibone isithunywa eso sixabe endleleni siphethe ikrele. Akusibona ke, waziphosa phantsi ngobuso.

32Isithunywa sabuza sathi: “Ubuyibethela ntoni kangaka le donki yakho kude kube kathathu? Ndize kukunqanda, kuba uzifaka engozini ngolu hambo.

33Ke yona idonki yakho indibonile, yaza yaphambuka kwada kwakathathu. Ukuba ibingaphambukanga ngendikubulele ndasindisa kwayona.”

34UBhalam waphendula wathi: “Hayi, ndonile. Bendingaqondi ukuba uxabile endleleni yam, kambe ke ngoku xa ubona ukuba akufanelekanga ukuba ndihambe, ndiyajika, ndiyagoduka.”

35Ke sona isithunywa sathi kuye: “Hayi, sowuhamba nala madoda; kodwa ke uze uthethe loo nto ndithi thetha yona.” Ngoko ke uBhalam wahamba nazo iinkokheli zakwaBhalaki.

UBhalaki wamkela uBhalam

36UBhalaki uthe akuva ukuba uBhalam uyeza, wamhlangabeza, wadibana naye kwisixeko esiphezu komlambo iAnoni, kumda welaseMowabhi.

37UBhalaki wambuza wathi: “Kwakutheni ukuze ungezi ngokuya ndandikuthumele kuqala? Ngaba wawukrokrela ukuba sobe ndibe nako ukukuhlawula?”

38UBhalam waphendula wathi: “Andithi na kaloku ndizile? Kambe ke gunya lini endinalo? Hayi kaloku, ndothetha loo nto athi mandiyithethe uThixo.”

39Ngoko ke uBhalam wahamba noBhalaki, baya eKiriyati-huzoti.

40UBhalaki waxhela iinkabi zeenkomo ndawonye neegusha, wamkela uBhalam nezo nkokheli wayehamba nazo.

Intetho yokuqala kaBhalam

41Ngengomso ke uBhalaki wamthatha uBhalam, wamsa eBhamoti-bhali, apho wayeza kuba nako ukubona inxalenye yamaSirayeli.

Eyasentlango 23

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1UBhalam waxelela uBhalaki ukuba akhe amaqonga amadini apho abe
sixhenxe, aze amzisele isixhenxe seenkunzi zeenkomo ngokunjalo nesixhenxe
seenkunzi zeegusha.

2UBhalaki wenza ngokomyalelo lowo, baza ke noBhalam banikela inkunzi
yenkomo neyegusha kwiqonga ngalinye.

3UBhalam ke washiya uBhalaki kuloo ndawo, wathi kuye: “Yima ngakweli
dini litshiswayo, ngeli lixa mna ndiza kukhe ndithi gu. Mhlawumbi
uNdikhoyo uza kudibana nam. Ndiya kukwazisa nasiphi na isityhilelo
andinika sona.” Wahamba ke, wenyuka inkqantosi yenduli.

4UThixo ke wadibana naye, uBhalam wathi: “Ndakhe amaqonga asixhenxe;
kulo ngalinye ndenze idini ngenkunzi yenkomo neyegusha.”

5UNdikhoyo ke waxelela uBhalam oko makakuthethe, wathi: “Buyela
kuBhalaki, umazise oku.”

6Ekubuyeni kwakhe ke wamfumana uBhalaki esemi apho ngakwidini
elitshiswayo, enezo nkokheli zamaMowabhi.

7UBhalam ke wathetha la mazwi andilisekileyo, wenjenje: “Ukumkani
uBhalaki wamaMowabhi undisuse kwelama-Aram; undiphuthume kwiintaba
ezisempumalanga. Uthe: ‘Yiza ushwabulele uYakobi egameni lam. Yiza
kaloku, umqalekise uSirayeli.’

8Xa bendingubani ke mna ukuba ndiqalekise ongaqalekiswanga nguThixo,
ndambathise ngeshwangusha ongashwatyulelwanga nguNdikhoyo?

9Kaloku nanko ndimbona ndisencochoyini yeentaba; nanko ndimbukele
ndiphezu kweenduli. Ewe, luhlanga olungumth' uzimele; lona
aluzibandakanyi nezinye izizwe.

10Izizukulwana zikaYakobi yintlaninge njengentlabathi. Ngubani ke
ongamcukucezayo ambale uSirayeli? Hayi bo! Masendisifa ukufa kwelungisa.
Ewe, isiphelo sam masibe njengesabakhe.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11UBhalaki wabuza uBhalam wathi: “Yintoni le undenza yona? Ndingakuzisa apha ukuba uqalekise iintshaba zam, uze usuke wena uzithamsanqele!”

12Waphendula ke yena wathi: “Mandingakuthethi oko ndikuxelelwe nguNdikhoyo?”

Intetho yesibini kaBhalam

13Ke kaloku uBhalaki wathi kuBhalam: “Hamba siye kwenye indawo apho unokubona inxalenye yamaSirayeli kuphela, uze ke uthi ulapho uwaqalekise.”

14Waya naye kwintsimi kaZofim phezu kwentaba iPisga. Nalapho ke wenza amaqonga asixhenxe, waza wanikela ngenkunzi yenkomo neyegusha kwiqonga ngalinye.

15UBhalam wathi kuBhalaki: “Yima ngakweli dini litshiswayo, ngeli lixa mna ndiye kuhlangana naye qelele.”

16 UNdikhoyo ke wadibana noBhalam, wathi: “Buyela kuBhalaki, uthethe naye wenjenje.”

17Wabuyela kwakuBhalaki ke, waza wamfumana esemi ngakwelo dini litshiswayo ndawonye neenkokheli zamaMowabhi. UBhalaki ke wambuza wathi: “Utheni uNdikhoyo?”

18Waza ke yena uBhalam wathetha la mazwi andilisekileyo, wenjenje: “Hoyina ke, Bhalaki, khawubaz' iindlebe; khawundiphulaphule, nyana kaZipore!

19UThixo yena akamntu; akaxoki, akaguqu-guquki okomntu. Akakufezekisi na akuthembisileyo? Akakuphumelelisi na akuthethileyo?

20Nangoku ke kuthiwa mandithi jize ngentsikelelo; ethamsanqele nje yena, mna andinakulicima.

21Akubonwa sikhwa kuYakobi; hayi, akubonwa shwangusha kwaSirayeli. UNdikhoyo uThixo wabo ungakubo; ewe, kuvakala intswahla kuba uKumkani uphakathi kwawo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

22UThixo uwakhuphile eJiputa; iimpondo zakhe zibaze okwenyathi.

23Nemilingo ingabuya nemband' esikhova kuYakobi; nabuqili nabugqwirha buza ze kuSirayeli. Yona ngundaba-mlonyeni ngoYakobi noSirayeli, kusithiwa: ‘Khawubone ke imisebenzi kaThixo!

24Khawukhangele ke olu hlanga! Lucondoba njengemaz' engonyama; luvungama okwengwanyalal' engonyama. Aluphumli lungazenzang' iziqweng' utshaba, luze lulithi qongqololo igazi lamaxhoba!’ ”

25UBhalaki wabhekisa kuBhalam wenjenje: “Xa usala ke ukuwaqalekisa la maSirayeli musa ukuwathamsanqela!”

26UBhalam waphendula wathi: “Andithi na kanene ndikuxelele ukuba mna ndenza loo nto ndiyixelelwa nguNdikhoyo kuphela?”

Intetho yesithathu kaBhalam

27UBhalaki waphinda wathetha noBhalam, wathi: “Hamba siye kwenye indawo. Mhlawumbi uThixo angakuvumela uwaqalekise amaSirayeli xa ukuloo ndawo.”

28Ngoko ke wamsa phezu kwentaba iPehore evelele intlango.

29UBhalam wathi: “Yenza amaqonga abe sixhenxe apha, futhi uze nesixhenxe seenkunzi zeenkomo ngokunjalo nezeegusha.”

30Ngenene ke uBhalaki wenza ngokomyalelo kaBhalam, wanikela ngenkunzi yenkomo neyegusha kwiqonga ngalinye.

Eyasentlango 24

1Ngeli xesha ke uBhalam wayeseleqonda ukuba uNdikhoyo uzimisele ukumthamsanqela uSirayeli, ngoko ke akabanga sabhenela kwimilingo njengangaphambili. Wajonga ngasentlango,

2waza wawabona amaSirayeli eqokelelene izindlu ngezindlu. Wasuka ke wonganyelwa nguMoya kaThixo;

© 1996 Bible Society of South Africa.

3waza wadanduluka wathetha kwavokotheka wenjenje: “Nal' udaba olundilisekileyo lukaBhalam, unyana kaBhehore, amazwi andilisekileyo omfo obona cacileyo,

4izihlabo zomfo owevayo amazwi kaThixo, othwetyulweyo, kambe ethe ntsho ngamehlo, walamile, unombono kaSomandla.

5Hay' ubuhle beentente zikaYakobi! Ewe, athe dwe amanqugwala kaSirayeli!

6Zithe tyaba okweentili; zithe thande okomyezo ecaleni komlambo, ngathi ngumngcelele wekhala elityalwe nguNdikhoyo, sengathi yimisedare phezu komlambo.

7Kuwo imvula iya kuhlala ingunogumbe, imbewu ayityale kumhlaba otofo-tofo. Ukumkani wawo woba mkhulu kunoAgagi, ulawulo lwakhe lubalasele ngodumo.

8UThixo wawakhupha eJiputa, iimpondo zakhe zibaze okwenyathi. Iintshaba zawo azithi nqwam-nqwam, amathambo azo awacole. Ke lona utolo lwawo luyahlabanisela.

9Luhlanga olubuthuma njengengonyama; lunjengemaz' engonyama, lungavuswa ngubani? Uthamsanqelekile osikelela uSirayeli! Hay' ishwangusha kulowo umqalekisayo!”

10Ke kaloku uBhalaki wabhabhazela ngumsindo, wabetha ngenqindi phantsi, wathi kuBhalam: “Ndakulanda ukuba uze kuqalekisa iintshaba zam, kodwa ngoku kude kwakathathu uzithamsanqela!

11Yini le! Chitheka; goduka! Ndathembisa ukuba ndiya kukuvuza ungakrokri, kambe ke lo Ndikhoyo ukwalele ukuba uwufumane loo mvuzo.”

12UBhalam waphendula wathi: “Abathunywa bakho ndandibaxelele

13ukuba noba ungade undinike lonke ibhotwe lakho lizele yisiliva negolide andingekhe ndiwutsibe umyalelo kaNdikhoyo, ndenze ukuthanda kwam. Kuphela ndiya kuthetha oko athe mandikuthethe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Ke ngoku ndiyagoduka; ndiya kwabakowethu. Kodwa ke, phambi kokuba ndihambe, ndifuna ukukhe ndikulumkise ngento aya kuyenza uSirayeli kubantu bakho.”

Intetho yesine kaBhalam

15Wathetha ke kwavokotheka uBhalam, wathi: “Nal' udaba olundilisekileyo lukaBhalam, unyana kaBhehore, amazwi andilisekileyo omfo obona cacileyo,

16izihlabo zomfo owevayo amazwi kaThixo, olwamkelayo ulwazi oluvela kuPhezukonke, othwetyulweyo, kambe ke ethe ntsho ngamehlo, walamile, unombono kaSomandla.

17Ewe, ndiyambona; nankuya phambili phaya. Ndiyamalama, umgama, phambili qelele. Ndibon' inkwenkwez' iphuma kwaYakobi; ndiwujongile umsimbithi usithi thaphu kwaSirayeli. Uya kuzintlekez' iinkokheli zikaMowabhi, abafohloz' oonyana bakaSeti.

18Uya kuzivuthulula iintshaba zakhe kwaEdom; ewe, iSeyire ibe yeyakhe, abe ke yena uSirayeli ekhula ngokomelela.

19Kothi qhaphu umlawuli kwaYakobi, abasindileyo e-Edom abatshayele kuthi nya.”

Ezinye iintetho zikaBhalam

20UBhalam wabona nama-Amaleki, waza wathetha kwavokotheka wathi: “UAmaleki fudula elelona hlanga lomeleleyo, kambe ke ekugqibeleni uya kutshabalala kuthi tu!”

21Kwangokunjalo wabona amaKeni, waza wathetha kwavokotheka wathi: “Ikhaya lakho ngumankankela wenqaba, ngathi yindlwana ekwiimfanta zeenkelekethe zamawa.

22Kambe ke, nani maKeni, niya kutshabalala, akugaleleka uAsiriya anithimbe.”

23UBhalam waqhuba wathetha kwavokotheka wenjenje: “Yaz'ba ngoobani abanokuphila engafuni uThixo?

© 1996 Bible Society of South Africa.

24Abahlaseli bovela ngaseKiti, behamba ngezikhephe. Baya kumtshabalalisa uAsiriya noHebhere. Kambe nabo ngokwabo baya kutshabalala naphakade.”

25Ke kaloku uBhalam wev' endleleni wagoduka, waza ke noBhalaki wahamba eyakhe indlela.

Eyasentlango 25

AmaSirayeli anqula izithixo ePehore

1AmaSirayeli athi xa ayemise kwintili yeShitim, asuka arheletya neentokazi zamaMowabhi.

2AmaMowabhikazi amema amaSirayeli ukuba aye kwizidlo zamadini awayesenzelwa izithixo zamaMowabhi. AmaSirayeli akutya oko kutya, amnqula

3uBhali wasePehore. Ngoko ke uNdikhoyo wavutha ngumsindo,

4waza wathi kuMosis: “Thatha iinkokheli zamaSirayeli, uzibulale, uzixhome esidlangalaleni phambi kwesibingelelo, khon' ukuze udambe umsindo wam ngakumaSirayeli.”

5Ke kaloku uMosis wathi kwizikhulu zakwaSirayeli: “Ngamnye kuni makabulale amawabo azibandakanye noBhali wasePehore.”

6Omnye umSirayeli wathatha umMidiyanikazi, wangena naye kwakhe, ebonwa nguMosis nangamaSirayeli ephela, ngexesha awayesazilile esesangweni lesibingelelo.

7Uthe akuyibona le nto uPineyasi, unyana kaElazare, umzukulwana wombingeleli uAron, wee sululu, wemka apho kuloo ndibano, wathatha umkhonto,

8walandela loo ndoda naloo mfazi, wangena apho ententeni, wabinza ngomkhonto, wabadibanisa bobabini. Ngaloo ndlela ke ubhubhani owayephethe amaSirayeli wanqamka.

9Kambe ke wayeselesube wabulala abantu abangamashumi amabini anane amawaka.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

10 UNdikhoyo wathi kuMosis:

11“Ngenxa yale nto yenziwe nguPineyasi, umsindo wam uthothile ngakumaSirayeli. Kaloku yena ngenxa yenzondelelo yakhe usiphuhlisile isidima sam ebandleni, ndaza ke ngoko andalitshabalalisa.

12Ngoko ke mxelele ukuba ndenza naye umnqophiso wobudlelwane.

13Yena ngokunjalo nenzala yakhe boba ngababingeleli abangasoze bathini. Kaloku yena ube nekhwele ngoThixo wakhe, waza ke ngaloo ndlela wamngxengxezela uSirayeli.”

14Igama lomSirayeli owabulawa kunye nomMidiyanikazi yayinguZimri, unyana kaSalu, inkulu yomzi othile kwindlu kaSimon.

15Lona igama lomfazi lowo yayinguKozibhi. Uyise uZure wayeyinkosi yezindlu ezithile zamaMidiyani.

16UNdikhoyo wathi kuMosis:

17“AmaMidiyani ziintshaba zenu; watshabalaliseni,

18kuba abonise ubutshaba kuni ngokunikhohlisa, nangenxa kaKozibhi owabulawa mhla ngobhubhani obangwe sisithwakumbe sasePehore.”

Eyasentlango 26

Ubalo lwesibini

1Emva kwaloo bhubhani ke uNdikhoyo wathetha noMosis noElazare unyana wombingeleli uAron, wathi:

2“Libaleni ibandla lamaSirayeli liphela ngokwezindlu, nibale amadoda ukususela kubudala obuyiminyaka emashumi mabini ukunyuka, lawo afanelekileyo ukungena emkhosini.”

3-4Ngenene ke bawuthobela loo myalelo, bawaqokelela onke amadoda ayiloo ntanga. Ke kaloku ahlanganisana kuloo mathafa aseMowabhi phesheya kweJordan malunga neJeriko. Lawo ke yayingamaSirayeli awayevela eJiputa:

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Indlu kaRubhen (uRhubhen ke wayeyinkulu kaSirayeli); imizi yayo: amaHanoki, amaPalu,

6amaHezeron, namaKarmi.

7Inani lamadoda ale mizi ke yayingamashumi amane anesithathu amawaka, anamakhulu asixhenxe, namashumi amathathu.

8Inzala kaPalu yayinguEliyabhi

9noonyana bakhe uNemuweli, uDatan, noAbhiram. Lo Datan nalo Abhiram ke ngabaya babenyulwe ngamaSirayeli. Bamvukela uMosis noAron, baza bazibandakanya nehlokondiba likaKora ngexesha ababevukela uNdikhoyo.

10Kaloku umhlaba wavuleka wabaginya, baza bafa kunye noKora nabalandeli bakhe abatshatyalaliswa ngumlilo bengamakhulu amabini namashumi amahlanu amadoda. Ke bona baba sisilumkiso kumaSirayeli.

11Kambe umlibo kaKora zange uphele.

12Indlu kaSimon; imizi yayo: amaNemuweli, amaJamin, amaJakin,

13amaZera, namaShawuli.

14Inani lamadoda ale mizi ke yayingamashumi amabini anambini amawaka anamakhulu amabini.

15Indlu kaGadi; imizi yayo: amaZefon, amaHagi, amaShuni,

16amaOzeni, amaEri,

17ama-Arodi, nama-Areli.

18Inani lamadoda ale mizi yaba ngamashumi amane amawaka anamakhulu amahlanu.

19-21Indlu kaJuda; imizi yayo: amaShela, amaPerezi, namaZera. Isizukulwana samaPerezi ngamaHezeron namaHamuli. Isibini koonyana bakaJuda, uEre no-Onan, bafela eKanana.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22Ke amadoda ale mizi ayengamashumi asixhenxe anantandathu amawaka, namakhulu amahlanu.

23Indlu kaIsakare; imizi yayo: amaTola, amaPawu,

24amaYashubhi, namaShimron.

25Amadoda ale mizi ke ayengamashumi amathandathu anane amawaka, namakhulu amathathu.

26Indlu kaZebhulon; imizi yayo: amaZerede, amaElon, namaJaleli.

27Amadoda ale mizi ke aba ngamashumi amathandathu amawaka, namakhulu amahlanu.

28Indlu kaJosefu: Ke yena uJosefu wayenoonyana ababini, uManase noEfrayim.

29Indlu kaManase: uMakiri unyana kaManase wazala uGiliyadi.

30Ke yona inzala kaGiliyadi yile: amaIyezere, amaHeleki,

31ama-Aseriyeli, amaShekem,

32amaShemida, namaHefere.

33UZelofehadi unyana kaHefere wayengenanyana, iziintombi zodwa. Nanga amagama azo: uMala, uNoha, uHogela, uMilika, noTiza.

34Inani lamadoda ale ndlu yayingamashumi amahlanu anambini amawaka, namakhulu asixhenxe.

35Indlu kaEfrayim; imizi yayo: amaShutela, amaBhekeri, namaTahan.

36AmaEran ayinzala kaShutela.

37Amadoda ale mizi ke ayengamashumi amathathu anambini amawaka, mashumi amahlanu. Le ke yinzala kaJosefu.

38Indlu kaBhenjamin; imizi yayo: amaBhela, ama-Ashbhele, ama-Ahiram,

39amaShefufam, namaHufam.

40Ama-Ardi namaNaman yinzala kaBhela.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

41Inani lamadoda ale ndlu yayingamashumi amane anesihlanu amawaka, namakhulu amathandathu.

42Indlu kaDan: inzala yayo iphuma kumaShuham.

43Inani lamadoda ale ndlu yayingamashumi amathandathu anane amawaka, makhulu amane.

44Indlu ka-Ashere; imizi yayo: amaImna, amaIshvi, namaBheriya.

45AmaHebhere namaMalekiyeli yinzala kaBheriya.

46UAshere wayenentombi egama linguSera.

47Amadoda ale ndlu ke ayengamashumi amahlanu anantathu amawaka, namakhulu amane.

48Indlu kaNafetali; imizi yayo: amaJazeli, amaGuni,

49amaJezere, namaShilem.

50Inani lamadoda ale ndlu yaba ngamashumi amane anesihlanu amawaka, namakhulu amane.

51Lilonke inani lamaSirayeli angamadoda yaba ngamakhulu amathandathu ananye amawaka, namakhulu asixhenxe, anamashumi amathathu.

52 UNdikhoyo wayalela uMosis wathi:

53“Umhlaba wahlulele le mizi ngokobubanzi bayo, ube lilifa layo.

54Umzi obanzi ilifa lawo malibe likhulu, elomzi onganeno libe nganeno. Umzi ngamnye uya kufumana ilifa lawo ngokwenani lababhaliweyo.

55Qiniseka ukuba umhlaba wahlulwa ngamaqashiso. Isabelo somzi sohamba ngokobubanzi bawo.

56Ewe, ilifa elo liya kwabiwa ngamaqashiso kwimizi ebanzi nenganeno ngokunjalo.”

57Nalu uludwe lwemizi yakwaLevi: amaGershon, amaKohati, namaMerari.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

58Kwinzala yayo kukho nale mizi: amaLibheni, amaHebron, amaMali, amaMushi, namaKora. UKohati nguyise ka-Amram

59owathatha umLevikazi uJokobhedi owazalelwa eJiputa. Ke yena wazalela uAmram oonyana ababini, uAron noMosis, nentombi uMiriyam.

60UAron wayenoonyana abane, uNadabhi, uAbhihu, uElazare, noItamare.

61UNadabhi noAbhihu ke bona bafa ngokwenzela uNdikhoyo umlilo ongafanelekanga.

62Ke bona abaLevi abangamadoda ababudala buyinyanga nangaphezulu baba ngamashumi amabini anantathu amawaka. Phofu ke bona baba noludwe lwabo bodwa, kuba zange banikwe mhlaba kwaSirayeli.

63Le ke yimizi eyadweliswa nguMosis noElazare xa babesenza ubalo lwamaSirayeli kumathafa aseMowabhi phesheya kweJordan malunga neJeriko.

64Kumadoda awayebalwe nguMosis noAron kwintlango yeSinayi, kubalo lokuqala, kwakungasekho nob' ibe nye.

65Kaloku uNdikhoyo wayethe onke aya kufela entlango, kusinde uKalebhi unyana kaJefune, noYoshuwa unyana kaNune. Nangoku ke kwaba njalo.

Eyasentlango 27

Iintombi zikaZelofehadi

1UMala, uNowa, uHogela, uMilika, noTiza, ziintombi zikaZelofehadi unyana kaHefere, kaGiliyadi, kaMakire, kaManase. Ngoko ke ziintombi zakwaManase unyana kaJosefu.

2Ke zona zaya kuMosis noElazare umbingeleli, benamadoda amakhulu ndawonye noSirayeli ephela. Babehlanganisene esangweni lesibingelelo.

3Zafika zathi: “Utata wafela entlango engazalanga nyana. Akadibananga neqela likaKora elavukela uNdikhoyo, koko yena wafela isono sakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Ngani ukuba igama likabawo liduke kwaSirayeli ngokuba wayengenanyana?
Sincede usinike isabelo nathi phakathi kwamawethu.”

5Lo mcimbi uMosis wawusa kuNdikhoyo,

6waza ke yena wathi:

7“Iintombi zikaZelofehadi zenze isicelo esifanelekileyo, ngoko ke mazinikwe isabelo phakathi kwamawazo. Ilifa likayise maliwele kuzo.

8“Yithi ke kumaSirayeli: ‘Xa indoda ife ingenanyana, ilifa layo malityiwe yintombi yayo.

9Ukuba ke ayinantombi, ilifa layo loba lelabantakwayo.

10Xa kuthe kanti ayinabantakwayo, ilifa malibe lelooyisekazi.

11Kambe ke ukuba ayinabantakwayo nayisekazi, ilifa elo malinikwe nabani na osesona sizalwana sayo sisondeleyo. Eli siko ke amaSirayeli makalithobele njengomqathango ongundoqo, alenze njengoko ndikuyaleleyo mna Ndikhoyo.’ ”

Ukunyulwa kukaYoshuwa
(Hlaz 31:1-8)

12 UNdikhoyo wathetha noMosis, wathi: “Nyuka uqabele intaba iAbharim, ulijonge ulibuke elo lizwe ndiza kulinika amaSirayeli.

13Wakuba ulibonile ke, nawe uza kufa kwanjengoAron umntakwenu.

14Kaloku nobabini nawuvukela umyalelo wam kwintlango iZin. Wathi uSirayeli akundikhalazela ngenxa yemeko yamanzi eMeribha nina nala ukusiphuhlisa isihomo samandla am phambi kwakhe.” (IMeribha ke ngumthombo oseKadeshe kwintlango iZin.)

15Ke kaloku uMosis wathetha wenjenje:

16“Ndikhoyo, Thixo wam, wena mthombo wobomi, nceda utyumbe indoda eya kulikhokela ibandla lakho,

17enako ukungena iphuma ilikhokela, khon' ukuze usapho lwakho lungafani neegusha ezingenamalusi.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

18UNdikhoyo wayalela uMosis wathi: “Thatha uYoshuwa unyana kaNune,
oyindoda endiyixhobise ngoMoya wam, ummisele ngokumbeka izandla.

19Biza uSirayeli ephela, nombingeleli uElazare, uze uYoshuwa ummisele
angene ezihlangwini zakho apho phambi kwabo.

20Mahlulele amagunya akho, khon' ukuze ibandla lonke limthobele.

21Ke yena uya kuxhomekeka kumbingeleli uElazare, kuba kaloku yena
intando yam uya kuyaziswa ziiurim neethumim. Ngale ndlela baya
kubhexeshwa nguElazare kuyo yonke imicimbi yabo.”

22Ke uMosis wenza ngokomyalelo kaNdikhoyo. UYoshuwa wammisa phambi
kombingeleli uElazare ndawonye nebandla loonyana bakaSirayeli.

23Ngokunjalo uMosis wambeka izandla uYoshuwa, wammisela ukuba angene
ezihlangwini zakhe ngokwelizwi likaNdikhoyo.

Eyasentlango 28

Amadini emihla ngemihla
(Mfud 29:38-46)

1 UNdikhoyo wathi uMosis

2makayalele amaSirayeli athi: “Ngamathuba amisiweyo ndinikeni amadini
akukutya okunikelwa kum ngomlilo, idini elivumba limnandi.

3“Nanga ke loo madini okutya kufuneka anikelwe ngomlilo kuNdikhoyo:
amadini atshiswayo emihla ngemihla, isibini samaxhwane angamaduna
angenasiphako.

4Elokuqala malinikelwe kusasa, lize elesibini linikelwe ngorhatya.

5Ixhwane ngalinye ke malihambe nomnikelo weenkozo ongumgubo
wengqolowa obunzima buyikhilogram enye, udityaniswe nelitha yamafutha
omnquma acwengileyo.

6Elo ke lidini lomlilo lemihla ngemihla; laqala ukwenziwa entabeni iSinayi,
ilidini lokutya elivumba likholekileyo kuNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Kumnikelo wewayini ohamba neli dini lokuqala kothathwa ilitha yewayini ithululwe phambi koNdikhoyo.

8Ngorhatya kothathwa elaa xhwane liseleyo, kuqhutywe njengakusasa; ngokunjalo nangomnikelo othululwayo ohamba nalo. Elo ke lidini lomlilo elivumba liyolileyo kuNdikhoyo.”

Idini loMhla wokuPhumla

9“ NgoMhla wokuPhumla makwenziwe idini ngesibini samaxhwane angamaduna angenasiphako: iikhilogram ezimbini zomgubo wengqolowa udityaniswe namafutha omnquma ube ngumnikelo weenkozo, ngokunjalo nomnikelo wewayini.

10Eli dini litshiswayo ke malenziwe ngayo yonke imihla yokuphumla, lisongeza kwidini elitshiswayo lemihla ngemihla elihamba nomnikelo othululwayo.”

Idini lomhla wokuqala kwenyanga

11“Ekuqaleni kwenyanga nganye makwenzelwe uNdikhoyo idini elitshiswayo: iinkunzi zeenkomo eziselula zibe mbini, inkunzi yegusha, isixhenxe samaxhwane angamaduna angenasiphako onke.

12Umnikelo weenkozo mawube ngumgubo wengqolowa odityaniswe namafutha omnquma. Inkunzi nganye yenkomo yohamba neekhilogram ezintathu zomgubo wengqolowa; ize inkunzi yegusha yona ihambe neekhilogram ezimbini;

13ke lona ixhwane ngalinye lohamba nekhilogram enye. La ngamadini atshiswayo; angumnikelo wokutya osondezwa ngomlilo, ivumba elithandekayo kuNdikhoyo.

14Inkunzi yenkomo ihamba nomnikelo oziilitha ezimbini zewayini; inkunzi yegusha ihamba nomnikelo oyilitha enesiqingatha sewayini; lize lona ixhwane ngalinye lihambe nomnikelo oyilitha yewayini. Lowo ke ngummiselo mayela nedini elitshiswayo lomhla wokuqala wokuthwasa kwenyanga nganye enyakeni.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15Ngaphezu kwelo dini litshiswayo lemihla ngemihla ke lihamba nomnikelo
othululwayo, makwenziwe idini lesono ngebhokhwe eliduna.”

Amadini ngethuba lePasika
(Nqulo 23:5-14)

16“Umbhiyozo kaNdikhoyo ngethuba lePasika mawube ngomhla weshumi
elinesine kwinyanga yokuqala.

17Ngomhla weshumi elinesihlanu koqala umbhiyozo. Ke kwiintsuku
ezisixhenxe kosetyenziswa isonka esinganyuswanga.

18Ngomhla wokuqala yoba yintlanganiso eyodwa yokunqula,
kungàsetyenzwa.

19UNdikhoyo makenzelwe idini lomlilo, libe lidini elitshiswayo. Yoba
ziinkunzi zeenkomo eziselula zibe mbini, inkunzi yegusha, nesixhenxe
samaxhwane angamaduna, angenasiphako onke.

20Makwenziwe umnikelo weenkozo ngomgubo wengqolowa oxutywe
namafutha omnquma: iikhilogram ezintathu zohamba nenkunzi yenkomo
nganye; iikhilogram ezimbini zihambe nenkunzi yegusha,

21ize ikhilogram ihambe nexhwane ngalinye.

22Ngokunjalo ke makwenziwe idini lesono ngebhokhwe eliduna, khon' ukuze
ibe ngumsitho wokucamagushela amaSirayeli.

23La ke ongeza kwelaa dini litshiswayo lemihla ngemihla kusasa.

24Kwangaloo ndlela ke, isithuba seentsuku ezisixhenxe, nikelani kuNdikhoyo
idini lomlilo elivumba likholekileyo kuye. Eli ke longeza kwidini elitshiswayo
lemihla ngemihla elihamba nomnikelo othululwayo.

25Ke ngomhla wesixhenxe makube yintlanganiso eyodwa yokunqula,
kungàsetyenzwa.”

Amadini ngethuba lesivuno
(Nqulo 23:15-22)

© 1996 Bible Society of South Africa.

26“Iiveki ezisixhenxe emva kwePasika ngosuku lokuqala kumsitho wesivuno xa ninikela ulibo oluziinkozo kuNdikhoyo, makube yintlanganiso yokunqula, kungàsetyenzwa.

27Makwenziwe idini elitshiswayo elivumba likholekileyo kuNdikhoyo: Yoba ziinkunzi zeenkomo eziselula zibe mbini, inkunzi yegusha, kunye nesixhenxe samaxhwane angamaduna, angenasiphako onke.

28Makwenziwe umnikelo weenkozo ngomgubo wengqolowa oxutywe namafutha omnquma; iikhilogram ezintatu zohamba nenkunzi yenkomo, zize iikhilogram ezimbini zihambe nenkunzi yegusha;

29ke yona ikhilogram ihambe nexhwane ngalinye.

30Ngokunjalo ke makwenziwe idini lesono ngebhokhwe eliduna. Niya kucanyagushelwa ngaloo ndlela ke.

31La ke, kunye nomnikelo othululwayo, ongeza idini elitshiswayo lemihla ngemihla ngokunjalo nedini leenkozo.Ngenene ezi zilwanyana mazingabi nasiphako.”

Eyasentlango 29

Amadini ethuba lonyaka omtsha

(Nqulo 23:23-25)

1“Ngomhla wokuqala kwinyanga yesixhenxe makube yintlanganiso eyodwa yokunqula, ningawuphathi umsebenzi. Ngaloo mini ke makukhaliswe amaxilongo.

2Yenzelani uNdikhoyo idini elitshiswayo elivumba likholekileyo kuye: inkunzi yenkomo eselula, inkunzi yegusha, nesixhenxe samaxhwane angamaduna, angenasiphako onke.

3Makwenziwe umnikelo weenkozo ngomgubo wengqolowa oxutywe namafutha omnquma: iikhilogram ezintathu zomgubo wengqolowa zohamba nenkunzi yenkomo, iikhilogram ezimbini zihambe nenkunzi yegusha,

4ixhwane ngalinye lihambe nekhilogram enye.

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Ngokunjalo makwenziwe nedini lesono ngebhokhwe eliduna ukuze nicanyagushelwe.

6La madini ke ongeza laa madini atshiswayo enziwa rhoqo kusuku lokuqala enyangeni nomnikelo weenkozo, ngokunjalo nedini elitshiswayo lemila ngemihla elihamba nomnikelo weenkozo nothululwayo. La madini omlilo alivumba elimnandi kuNdikhoyo.”

Amadini omhla wocamagushelo
(Nqulo 23:26-32)

7“Ngomhla weshumi kwinyanga yesixhenxe makube yintlanganiso eyodwa yokunqula, ukutya nomsebenzi kuzilwe.

8Yenzani idini elitshiswayo; lona lilivumba eliyolileyo kuNdikhoyo: inkunzi yenkomo eselula, inkunzi yegusha nesixhenxe samaxhwane angamaduna, angenasiphako onke.

9Yenzani umnikelo weenkozo ngomgubo wengqolowa oxutywe namafutha omnquma: iikhilogram ezintathu zihambe nenkunzi yenkomo, iikhilogram ezimbini zihambe nenkunzi yegusha;

10ikhilogram enye yona ihambe nexhwane ngalinye.

11Makwenziwe idini lesono ngebhokhwe eliduna ukongeza kulaa bhokhwe yocamagushelo nedini elitshiswayo lemihla ngemihla elihamba nomnikelo weenkozo nothululwayo.”

Amadini ngethuba lomsitho wamaphempe
(Nqulo 23:33-44)

12“Ngomhla weshumi elinesihlanu kwinyanga yesixhenxe makube yintlanganiso eyodwa yokunqula, ningawuphathi umsebenzi. Yenzelani uNdikhoyo itheko iintsuku zibe sixhenxe.

13Ngalo mhla wokuqala yenzelani uNdikhoyo idini lomlilo elivumba limnandi kuye: ishumi elinesithathu leenkunzi zeenkomo eziselula, iinkunzi zeegusha zibe mbini, neshumi elinesine lamaxhwane angamaduna, angenasiphako onke.

© 1996 Bible Society of South Africa.

14Yenzani umnikelo weenkozo ngomgubo wengqolowa oxutywe namafutha omnquma: iikhilogram ezintathu zomgubo zihambe nenkunzi yenkomo nganye, iikhilogram ezimbini zihambe nenkunzi yegusha nganye,

15ize ikhilogram yomgubo ihambe nexhwane ngalinye ngokunjalo neminikelo ethululwayo.

16Makwenziwe nedini lesono ngebhokhwe eliduna. Onke ke la madini ongeza idini elitshiswayo lemihla ngemihla elihamba nomnikelo weenkozo nothululwayo.

17“Ngosuku lwesibini makwenziwe amadini ngeenkunzi zeenkomo eziselula zibe lishumi elinambini, iinkunzi zeegusha zibe mbini, neshumi elinesine lamaxhwane angamaduna, angenasiphako onke.

18-19La madini ke ohamba nalawo ayimfuneko ndawonye neminikelo kusuku lokuqala.

20“Ngosuku lwesithathu makunikelwe ishumi elinanye leenkunzi zeenkomo eziselula, isibini seenkunzi zeegusha, neshumi elinesine lamaxhwane angamaduna, angenasiphako onke.

21-22Ngokunjalo ke ohamba naloo madini ayimfuneko ndawonye neminikelo kusuku lokuqala.

23“Ngosuku lwesine makunikelwe ishumi leenkunzi zeenkomo eziselula, isibini seenkunzi zeegusha, neshumi elinesine lamaxhwane angamaduna, angenasiphako onke.

24-25Ngokunjalo ke makahambe naloo madini ayimfuneko ndawonye neminikelo kusuku lokuqala.

26“Ngosuku lwesihlanu makunikelwe iinkunzi zeenkomo eziselula zibe lithoba, iinkunzi zeegusha zibe mbini, neshumi elinesine lamaxhwane angamaduna, angenasiphako onke.

27-28Ndawonye nawo ke makwenziwe nalaa madini kwaneminikelo eyimfuneko kusuku lokuqala.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

29“Ngosuku lwesithandathu makunikelwe isibhozo seenkunzi zeenkomo eziselula, iinkunzi zeegusha zibe mbini, namaxhwane angamaduna alishumi elinesine, angenasiphako onke.

30-31Lawo ayimfuneko ndawonye neminikelo kusuku lokuqala nawo makangasileli.

32“Ngosuku lwesixhenxe konikelwa isixhenxe seenkunzi zeenkomo eziselula, neenkunzi zeegusha ezimbini, ndawonye neshumi elinesine lamaxhwane angamaduna, angenasiphako onke.

33-34Ngokunjalo ke makwenziwe naloo madini ayimfuneko ndawonye neminikelo kusuku lokuqala.

35“Ngosuku lwesibhozo makube yintlanganiso eyodwa yokunqula, ningasebenzi.

36Makwenziwe idini elitshiswayo libe lidini lomlilo elimkholisayo uNdikhoyo: inkunzi yenkomo eselula, inkunzi yegusha, nesixhenxe samaxhwane angamaduna, angenasiphako onke.

37-38Ngokunjalo ke namadini ayimfuneko ndawonye neminikelo ngosuku lokuqala makangasileli.

39“Le ke yimimiselo mayela namadini atshiswayo, neminikelo yeenkozo nethululwayo, neyobudlelwane, ekufuneka niyenzele uNdikhoyo ngokusesikweni ngamaxesha ayo. La madini neminikelo ongeza kumadini ezithembiso okanye awokuqhutywa yintliziyo.”

40Ngenene ke uMosis wawaxelela amaSirayeli konke awayekuyalelwe nguNdikhoyo.

Eyasentlango 30

Mayela nezifungo

1Iinkulu zezindlu zikaSirayeli uMosis wazinika le mimiselo kaNdikhoyo ilandelayo, wathi:

© 1996 Bible Society of South Africa.

2“Indoda xa ithe yenza isibhambathiso kuNdikhoyo, okanye xa ithe yenza isifungo sokuzibophelela, mayingasaphuli eso sifungo, koko mayikufezekise konke ekuthembisileyo.

3“Ukuba intombi engekendi ithembisa ukunika uNdikhoyo into, okanye yafungela ukuzila into ethile,

4mayenze ngokwesifungo nesithembiso sayo, ngaphandle kokuba uyise uthe akuyiva loo nto, wayichasa.

5Kodwa ke xa athe akuva ngale nyewe uyise, wala ukuba isifezekise eso sithembiso, ayisabophelelekanga kuso. UNdikhoyo uya kuyixolela, kuba yalelwe nguyise ukuba mayisifezekise.

6“Kambe ukuba intombi yenze isithembiso, iqonda okanye ingaqondi, mhlawumbi yafungela ukuzila into ethile, yaza ke kamva yenda,

7ke yena wathi akusiva umyeni wayo akathetha nto, isifungo eso okanye isithembiso sohlala siyibophile.

8Kodwa ke ukuba ithe yakuva ngesi sifungo indoda yayo yasichasa eso sifungo okanye isithembiso, siya kuba sitshitshile; futhi ke xa kunjalo noNdikhoyo uya kuyixolela.

9“Ke yena umhlolokazi okanye umfazi owahlukene nendoda yakhe, xa ethe wenza isithembiso okanye isifungo, uya kunyanzeleka ukuba asifezekise.

10“Ke ukuba umfazi owendileyo wenze isithembiso okanye isifungo,

11yaza yathi yakuyiva loo nto indoda yakhe ayathetha nto, ayasichasa eso sithembiso okanye isifungo, uya kunyanzeleka ukuba asifezekise.

12Kambe ke ukuba ithe yakusiva eso sifungo indoda yakhe yasichasa, soba sitshitshisiwe eso sithembiso okanye isifungo, kuba kaloku indoda yakhe imalele ukuba asifezekise; ngoko ke noNdikhoyo uya kumxolela.

13Indoda inelungelo lokusixhasa okanye isichithe isithembiso nokuba sisifungo esenziwe ngumfazi wayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Ukuba ke indoda leyo ithe yakuva ngeso sifungo yathatha ithuba ingathethi nto, yoba iyasixhasa eso sithembiso okanye isifungo azibophe ngaso umfazi wayo; ewe, yoba isixhasile xa ingathethanga nto yakuba ivile ngaso.

15Phofu ke ukuba ithule yathula yajika ngengomso yasitshitshisa eso sifungo, ityala lokungafezekiswa kwaso loba semagxeni ayo."

16Nantso ke imimiselo eyanikwa uMosis nguNdikhoyo mayela nendoda nomfazi wayo, ngokunjalo mayela nentombi ekowayo.

Eyasentlango 31

Imfazwe namaMidiyani

1 UNdikhoyo wathetha noMosis, wathi:

2"Phambi kokuba ungabikho amaSirayeli makaziphindezele kumaMidiyani ngenxa yento awayenzayo."

3Ngoko ke uMosis wayalela amaSirayeli, wathi: "Xhobisani amadoda omkhosi ukuze ahlasele amaMidiyani, aphindezele ngenxa kaNdikhoyo.

4Indlu nganye mayikhuphe iwaka lamadoda."

5Indlu nganye ke yakhetha yakhupha iwaka lamadoda, aza ke ewonke alishumi elinambini lamawaka alibophe aligangatha.

6UMosis ke wawukhupha lo mkhosi, uhamba nombingeleli uPineyasi unyana kaElazare. Yena waya edabini ephethe izitya ezingcwele namaxilongo okuhlaba umkhosi.

7Ngokomlomo kaNdikhoyo ke bawahlasela amaMidiyani, bawatshabalalisa onke amadoda,

8kunye neekumkani ezintlanu zamaMidiyani: uEvi, uRekem, uZure, uYuri, noRebha. Bambulala noBhalam unyana kaBhehore.

9AmaSirayeli athimba abafazi bamaMidiyani nabantwana bawo, ayithatha yonke imfuyo yawo, azenzela nakubutyebi bawo.

10Ke zona iidolophu nemizana azitshisa ngomlilo zonke.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11Amabanjwa nemfuyo nako konke ababekuthimbile bakuthatha

12bakusa kuMosis noElazare noSirayeli ephela. Bona ke babemise kumathafa aseMowabhi phesheya kweJordan malunga neJeriko.

Ukubuya komkhosi

13UMosis, noElazare, neenkulu zezindlu zamaSirayeli, baphuma baya kuhlangabeza umkhosi.

14UMosis wakhathazeka sisenzo sabaphathi neengqwayi-ngqwayi zamabutho namaqela awayevela emfazweni.

15Wabuza wathi: “Ngani ukuba ningababulali aba bafazi?

16Senilibele ngoku ukuba yayingabafazi abâlandela icebo likaBhalam, baza bawawexula amaSirayeli, amvukela uNdikhoyo ePehore? Kaloku nantso into eyehlisela abantu bakaNdikhoyo ngobhubhani.

17Ngoko ke wabulaleni onke amakhwenkwe ngokunjalo nabafazi.

18Ke wona amantombazana kunye neentombi zigcineleni.

19Bonke ke kuni ababuleleyo nabathe bachukumisa izidumbu mabahlale ngaphandle komzi iintsuki zibe sixhenxe. Ngosuku lwesithathu nolwesixhenxe zihlambululeni ndawonye nâbo nibathimbileyo.

20Ngokunjalo ke hlambululani yonke into eyeyokunxiba, nayo yonke into eyenziwe ngofele, uboya bebhokhwe, okanye umthi.”

21Umbingeleli uElazare wathetha naloo madoda awayevela emfazweni, wathi: “Nantsi imimiselo enikelwe uMosis nguNdikhoyo.

22-23Uthe yonke into engatshiyo enjengegolide, isiliva, ubhedu, intsimbi, inkcenkce, okanye ilothe, mayihlanjululwe ngokufakwa emlilweni, ize ifakwe emanzini okuhlambulula. Izinto ezizezinye ke zona zohlanjululwa ngamanzi okuhlambulula kuphela.

24Ngosuku lwesixhenxe ke kofuneka nizihlambe iimpahla zenu; xa kunjalo ke noba nihlambulukile ngokusesikweni, nibe nako nokungena emzini.”

Ukwabiwa kwamaxhoba

© 1996 Bible Society of South Africa.

25 UNdikhoyo wayalela uMosis, wathi:

26“Thatha uElazare neenkulu zezindlu zamaSirayeli, nibale yonke into eniyithimbileyo kunye namabanjwa nemfuyo.

27Onke amaxhoba lawo wahluleni kubini ngokulinganayo. Esinye isahlulo soba sesamajoni, esinye ke sibe sesebandla lonke.

28Kwisahlulo samajoni thathani umrhumo kaNdikhoyo; wona ke woba libanjwa elinye kwangamakhulu amahlanu. Nosebenzisa kwaloo mlinganiselo ke nakwimfuyo.

29Ezi zinto ke nozinika umbingeleli uElazare, zingumrhumo owodwa kaNdikhoyo.

30Ke kwisahlulo samaSirayeli thathani libe linye kumabanjwa angamashumi amahlanu, niqhube kwangaloo mlinganiselo ke nakwimfuyo. Ezi zinto ke zona zinikeni abaLevi abo balusa isibingelelo.”

31UMosis noElazare ke bazenza zonke ezi zinto ngokwelizwi likaNdikhoyo.

32Nalu ke uludwe lwamaxhoba awathinjwa ngumkhosi xa ewonke: amakhulu amathandathu namashumi asixhenxe anantlanu amawaka eegusha neebhokhwe;

33amashumi asixhenxe anambini amawaka eenkomo;

34amashumi amathandathu ananye amawaka eedonki;

35namashumi amathathu anambini amawaka amantombazana kunye neentombi.

36Ke isahlulo samajoni saba ngamakhulu amathathu namashumi amathathu anesixhenxe samawaka namakhulu amahlanu eegusha neebhokhwe;

37waza ke umrhumo kaNdikhoyo wangamakhulu amathandathu anamashumi asixhenxe anantlanu.

38Zona iinkomo zangamashumi amathathu anesithandathu amawaka; aza ke amashumi asixhenxe anambini aba ngumrhumo kaNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

39Iidonki ke zona zazingamashumi amathathu amawaka namakhulu amahlanu; waza ke wona umrhumo kaNdikhoyo waba ngamashumi amathandathu ananye.

40Iintombi namantombazana zaba lishumi elinesithandathu lamawaka; umrhumo kaNdikhoyo ke waba ngamashumi amathathu anambini.

41Ngokomlomo kaNdikhoyo ke uMosis wawugqithisela kuElazare loo mrhumo uwodwa kaNdikhoyo.

42Ke isahlulo samaSirayeli sasifana, silingana neso samajoni:

43amakhulu amathathu anamashumi amathathu anesixhenxe amawaka, namakhulu amahlanu eegusha neebhokhwe;

44amashumi amathathu anesithandathu amawaka eenkomo;

45amashumi amathathu amawaka namakhulu amahlanu eedonki;

46kunye neshumi elinesithandathu lamawaka eentombi namantombazana.

47Kwesi sahlulo ke uMosis wathatha lalinye kumashumi amahlanu amabanjwa, ngokunjalo nakwimfuyo, wanika abaLevi ababesalusa isibingelelo ngokwelizwi likaNdikhoyo.

48Ke kaloku abaphathi neengqwayi-ngqwayi zamabutho namaqela omkhosi baya kuxelela uMosis,

49bathi: “Mhlekazi, siwabalile amajoni ebesiphume nawo; akukho nalinye elingekhoyo.

50Nanku umnikelo ke ophuma kwizinto zegolide esizifumeneyo sonke ngabanye: imixhaka, iibhengile, imisesane, amacici, namaso. Sizinikela ukuba zibe sisicamagushelo sobomi bethu kuNdikhoyo.”

51Ke uMosis noElazare bayamkela loo golide; yonke ke yayizizihombiso.

52Uwonke ke loo mrhumo wabaphathi waba kwisituba samakhulu amabini eekhilogram ubunzima.

53Ke ijoni ngalinye lazithathela amaxhoba.

© 1996 Bible Society of South Africa.

54Ngoko ke uMosis noElazare bayithatha igolide leyo, bayisa esibingelelweni,
khon' ukuze ibe sisikhumbuzo samaSirayeli kuNdikhoyo.

Eyasentlango 32

Izindlu ezasala phesheya kweJordan

1Ke kaloku amaRubhen namaGadi ayenemihlambi emikhulu yeenkomo. Athe
ke akuwuqonda umhlaba waseJazere naseGiliyadi ukuba uyifanele imfuyo,

2aya kuMosis nombingeleli uElazare kunye nezinye iinkokheli, acela athi:

3-4"Lo mhlaba amaSirayeli awuphiwe nguNdikhoyo – sitsho ezi dolophu:
iAtaroti, iDibhon, iJazere, iNimra, iHeshbhon, iElale, iSebham, iNebho,
neBheyoni – ungumhlaba olungele iinkomo, ibe ke nathi sineenkomo
ezininzi.

5Ngoko ke kunganjani xa lo mhlaba unikwa thina, ube sisabelo sethu, sime
apha kuwo, singabi sayiwela iJordan? Siyakubongoza."

6UMosis waphendula wathi: "Ngaba ke nina nifuna ukuhlala apha nisonge
izandla xa wona amawenu esiya emfazweni?

7Ningathini kaloku ukusuka niwatyhafise ngolo hlobo amaSirayeli, xa wona
ewela iJordan, esiya kuthatha umhlaba awuphiwe nguNdikhoyo?

8Ooyihlo benza kwale nto ngokuya ndandibathuma siseKadeshe-bhaneya
ukuba beze kuhlola lo mhlaba.

9Bahamba baya kuma ngentili ye-Eshkoli, bawubona lo mhlaba, kodwa bathi
bakubuya bawatyhafisa amaSirayeli, khon' ukuze angezi kweli lizwe
aliphiweyo nguNdikhoyo.

10Ke yena uNdikhoyo wakhathazeka, waza wafunga wathi:

11'Ngenxa yokuba bengakholosanga ngam, kula madoda akwiminyaka
emashumi mabini nangaphezulu aphuma eJiputa akukho nanye iya kungena
kwelo lizwe ndabathembisa ngalo ooAbraham, uIsake, noYakobi.'

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12“Esi sifungo ke sabandakanya bonke ngaphandle kukaKalebhi unyana kaJefune umKeni, noYoshuwa unyana kaNune. Kaloku bona bakholosa ngoNdikhoyo.

13UNdikhoyo ke wakhathazeka, waza amaSirayeli wawabhadulisa entlango isithuba seminyaka engamashumi amane, sada safa saphela eso sizukulwana sasimonile.

14Nina ke eningene ezihlangwini zooyihlo, nisisizukulwana esitsha esigwenxa esizimisele ukuhlisela umsindo kaNdikhoyo phezu kwamaSirayeli kwakhona.

15Nani ke, maRubhen namaGadi, ukuba niyala ukunamathela kuye ngoku, uya kuphinda awalahle entlango amaSirayeli, ize ke intshabalalo yawo ibe yimhemhe yenu.”

16Ke wona asuka aya kuMosis, ambongoza athi: “Sivumele sakhele iigusha zethu iintlanti, futhi sakhele iintsapho zethu iidolophu.

17Sizimisele ukuxhoba siwakhokele amawethu emadabini, siwancedise ade awume loo mhlaba uza kuba ngowawo. Ke zona iintsapho zethu siya kuzishiya zihleli kwiidolophu ezinqatyisiweyo, zingabi nakuchukunyiswa ngabantu beli lizwe.

18Thina ke soze sibuye ngaphandle kokuba ade onke amaSirayeli asifumane isabelo sawo kwelo lizwe.

19Ngokunjalo ke thina soze sifumane sabelo samhlaba phaya phesheya kweJordan, kuba kaloku esethu nasi ngeneno empuma yeJordan.”

20UMosis waphendula wathi: “Xa kunjalo ke, zilungiseleleni apha phambi kukaNdikhoyo, nizimisele ukuya edabini.

21Onke amajoni enu kufuneka awele iJordan ekhokelwe nguNdikhoyo, azihlasele iintshaba zakhe ade azoyise, uNdikhoyo

22awohluthe umhlaba wazo. Emva koko ke noba nako ukubuya; kaloku noba nimanelisile uNdikhoyo ndawonye namawenu. Ke wona lo mhlaba woba sisabelo senu enisinikwe nguNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

23Kambe ke ukuba anisifezekisanga esi sithembiso, ze nazi ukuba nimonile uNdikhoyo, ibe ke sona isono senu siya kuba yinto kuni.

24Ngoko ke yakhelani iintsapho zenu iidolophu, nakhele nemfuyo yenu iintlanti, kambe nisifezekise isithembiso senu.”

25Ke kaloku amaGadi namaRubhen aphendula athi: “Izicaka zakho ziya kwenza ngokwelizwi lakho, mhlekazi.

26Iintsapho zethu neenkomo neegusha zona ziya kusala apha kwezi dolophu zaseGiliyadi.

27Ke thina sonke sesilungele ukungena phantsi koNdikhoyo. Soxhoba siyiwele iJordan; siya kulwa emfazweni ngokomyalelo wakho.”

28UMosis wayalela uElazare, uYoshuwa, nezinye iinkulu zezindlu zamaSirayeli,

29wathi: “Ukuba amaGadi namaRubhen ayiwelile iJordan, aza alwa kumkhosi kaNdikhoyo, naza ke noyisa nalithimba elo lizwe, ke wona ze niwanike umhlaba waseGiliyadi, ibe sisabelo sawo.

30Kambe ke ukuba akayiwelanga iJordan aya kulwa kunye nani, isabelo sawo osifumana kwelaseKanana kunye nani.”

31Ke wona amaGadi namaRubhen aphendula athi: “Ewe, siya kwenza njengoko athethileyo uNdikhoyo.

32Siya kuwela siye kwilizwe laseKanana, silwe siphantsi kwakhe, ukuze singaphulukani nesabelo sethu apha kwimpuma yeJordan.”

33Ngoko ke uMosis wabela amaGadi, amaRubhen, nenxalenye yabakwaManase, wonke ummandla kakumkani uSihon wama-Amori, ndawonye nokakumkani uOgi waseBhashan, ngokunjalo needolophu namaphandle awujikelezileyo.

34AmaGadi abuya azakha iidolophu ezinqatyisiweyo zaseDibhon, iAtaroti, iArohere,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

35iAteroti-shofan, iJazere, iJogebheha,

36iBhete-nimra, neBhete-haran.

37AmaRubhen ahlaziya iHeshbhon, iElale, iKiriatayim,

38iNebho, iBhali-mehon (eli ke igama latshintshwa), neSibhema. Iidolophu abazakhayo bazithiya ngokutsha.

39Ke bona abakwaMakire, unyana kaManase, bahlasela umhlaba waseGiliyadi, bawagxotha ama-Amori awayelapho, baza bema kuwo loo mhlaba.

40Ngoko ke uMosis umhlaba waseGiliyadi wawunika indlu kaMakire, yema kuwo.

41UJayire wendlu kaManase wahlasela iidolophana ezithile, waza wazithatha wazibiza ngokuba ziidolophana zikaJayire.

42NoNobha wahlasela iKenati needolophana zayo, waza wayithiya ngaye, wathi yiNobha.

Eyasentlango 33

Ukusuka eJiputa ukuya eMowabhi

1Le yimbali echaza ngeendawo awathi emisa kuzo ngokwezindlu zawo amaSirayeli ukuphuma kwawo eJiputa ekhokelwa nguMosis noAron.

2Ngokuyalelwa nguNdikhoyo ke uMosis wawabhala amagama eendawo abathi bemisa kuzo.

3AmaSirayeli anduluka eJiputa ngomhla weshumi elinesihlanu kwinyanga yokuqala enyakeni, kusuku olulandela iPasika, aphuma engafihlakalanga eRamesi, ekhokelwa nguNdikhoyo, ebonwa ngamaJiputa

4awayexakeke kukungcwaba oonyana bawo abangamazibulo ababebulewe nguNdikhoyo. Ngesi senzo ke uNdikhoyo wazicacisa ukuba ungumakhonya nakoothixo bamaJiputa.

5Ukunduluka kwawo eRamesi amaSirayeli aya kumisa eSukoti;

© 1996 Bible Society of South Africa.

6aza ukuphuma kwawo apho emisa e-Etam ekungeneni kwentlango.

7Ukusuka kwawo ke apho aphindela ePi-hahiroti kwimpuma yeBhali-zefon, aza emisa ngaseMigdoli.

8Ayishiya iPi-hahiroti, awela uLwandle oluBomvu, angena kwintlango yase-Etam; aza ke athi emva kweentsuku ezintathu aya kugaleleka emisa eMora.

9Ukunduluka kwawo apho ke aya kumisa e-Elim, kuba khona kwakukho imithombo yamanzi elishumi elinambini nemithi yesundu engamashumi asixhenxe.

10Ukushiya kwawo iElim aya kumisa ngakuLwandle oluBomvu.

11Nalapho aphuma aya kungena kwintlango yeSin.

12Akuphuma apho aya kumisa eDofeka

13naseAlushe.

14Kamva ke aya kutsho eRefidim, apho afika engekho amanzi okusela.

15-37Ukuphuma kwawo eRefidim esiya kwintaba iHore, emisa kwezi ndawo zilandelayo: kwintlango iSinayi, iKibroti-hatava, iHazeroti, iRitema, iRimon-pereze, iLibhena, iRisa, iKehelata, intaba iShefere, iHarada, iMakeloti, iTahati, iTera, iMiteka, iHashemona, iMoseroti, iBhene-yakan, iHori-hagidegadi, iYotebhata, iAbrona, iEziyon-gebhere, eKadeshe kwintlango yeZin, nangakwintaba iHore emideni yase-Edom.

38-39Ke kaloku ngokuyalelwa nguNdikhoyo umbingeleli uAron waqabela kwintaba iHore. Ke yena wafela apho ngomhla wokuqala kwinyanga yesihlanu kunyaka wamashumi amane amaSirayeli andulukayo eJiputa. Wayeneminyaka elikhulu elinamashumi amabini anantathu walibonayo ilanga.

40Ke kaloku ukumkani waseAradi owayekumazantsi eKanana weva ngokuza kwamaSirayeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

41-49Ukuphuma kwintaba iHore, ukuya kumathafa aseMowabhi amaSirayeli
emisa kwezi ndawo zilandelayo: eZalmona, ePunon, eObhoti, eIye-abharim
emdeni womhlaba waseMowabhi, eDibhon yakwaGadi, eAlmon-diblatayim,
kwintaba iAbharim, ngakwintaba iNebho, nakumathafa aseMowabhi
phesheya kweJordan malunga neJeriko phakathi kweBhete-yeshimoti neentili
zeShitim.

Iziyalo phambi kokuwela iJordan

50Ke kaloku kwathi xa alapho kuloo mathafa aseMowabhi phesheya
kweJordan malunga neJeriko, uNdikhoyo wanika uMosis le miyalelo,

51wathi makayigqithisele kumaSirayeli, wathi: “Nakuyiwela iJordan, ningene
kwelaseKanana,

52ze nibakhuphe nibagxothe abemi bakhona. Izithixo zabo ezenziwe
ngobhedu nangamatye ze nizitshabalalise ndawonye neendawo abanqulela
kuzo.

53Ze nime nizinze kuloo mhlaba wabo, kuba niwuphiwa ndim.

54Loo mhlaba wabo ze niwahlula-hlulele izindlu nemizi yenu ngamaqashiso;
imizi leyo ke ze niyabele ngokobubanzi bayo.

55Kambe ke ukuba anibagxothanga bonke abemi balo, abo baseleyo boba
yinkathazo njengeliso eliphandliweyo kuni, okanye kufane nokuba nihlatywe
ngameva; ewe, bojika banilwe.

56Ngaphezu koko ke ukuba anibagxothanga ndonitshabalalisa njengoko
ndandizimisele ukutshabalalisa bona kakade.”

Eyasentlango 34

Imida yelizwe laseKanana

1 UNdikhoyo wanika uMosis

2le miyalelo, wathi makayigqithisele kumaSirayeli, athi: “Nantsi ke imida
yelizwe laseKanana endinipha lona.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

3Umda wangezantsi uya kusuka kwintlango iZin, ubhijele kumda wase-Edom.
Ngasempuma uya kuthatha kumazantsi oLwandle oluFileyo,

4uhle ujonge kwinkalo yeAkrabhim, utyhutyhumeze ungene eZin, uyokuthi
gaa ngeKadeshe-bhaneya. Ukuphuma apho uya kujonga emantla-ntshona, uye
eHazare-adare, uphumele eAzemon,

5apho uya kujika, ujonge kwiintili zemida yeJiputa, uyokuma ngolwandle
olukhulu.

6“Ngasentshona umda uya kuba lulwandle olukhulu.

7“Ngasentla umda uya kusuka kulwandle olukhulu, uye kurheca intaba iHore,

8uye kuthi xhaxhe kwinkalo yeHamati; uze ke uye kurheca iZedada

9neZifron, uye kuthi gaa ngeHazare-enan.

10“Owasempuma uya kuphuma eHazare-enan, uye kuthi xhaxhe ngeShefam.

11Uya kuhla uye eRibhela kwimpuma yeAyin, utyhutyhumeze kwiinduli
ezikwimpuma yonxweme loLwandle lwaseGalili;

12uze ke wenjenjeya ukuhla ngomlambo iJordan, uye kuthi gaa ngoLwandle
oluFileyo. “Yomine ke le yimida yelizwe lenu.”

13UMosis ke waxelela amaSirayeli, wathi: “Nâlo ke ilizwe eniza kulizuza
ngamaqashiso, ilizwe elabelwe izindlu ezilithoba ezinesiqingatha
nguNdikhoyo.

14-15Ke zona izindlu zikaRubhen, uGadi, kunye nesiqingatha sikaManase,
zisifumene isabelo sazo ngokwemizi yazo ngaphesheya kwimpuma yeJordan
malunga neJeriko.”

Iinjoli zomhlaba

16 UNdikhoyo wayalela uMosis, wathi:

17“Umbingeleli uElazare noYoshuwa unyana kaNune ngabo abaya kwabela
amaSirayeli umhlaba.

18Ngokunjalo ke khetha inkokheli ibe nye kwindlu nganye bancedise.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19-28Nanga ke amagama eenkokheli ezo:

Indlu	*Inkokheli*
KwaJuda	uKalebhi unyana kaJefune
KwaSimon	uShemuweli unyana ka-Amihudi
KwaBhenjamin	uElidade unyana kaKiselon
KwaDan	uBhuki unyana kaJogeli
KwaManase kaJosefu	uHaniyeli unyana kaEfodi
KwaEfrayim kaJosefu	uKemuweli unyana kaShiftan
KwaZebhulon	uElizafan unyana kaParnaki
KwaIsakare	uPaltiyeli unyana ka-Azana
Kwa-Ashere	uAbhihudi unyana kaShelomi
KwaNafetali	uPedayeli unyana ka-Amihudi.”

29Nango ke amadoda âmiswa nguNdikhoyo ukuba abele amaSirayeli umhlaba kwelaseKanana.

Eyasentlango 35

Iidolophu zabaLevi

1Kuloo mathafa aseMowabhi phesheya kweJordan malunga neJeriko uNdikhoyo wathetha noMosis, wathi:

2“Xelela amaSirayeli ukuba kuloo mihlaba ayinikiweyo makahlulele abaLevi iidolophu ezithile ndawonye namadlelo azingqongileyo.

3Zona ke zoba zezabaLevi, bahlale kuzo. Ke wona amadlelo oba ngawemfuyo yabo.

4Amadlelo makasuke kwiindonga zesixeko abhekele phaya isithuba esingamakhulu amane anamashumi amahlanu eemitha macala,

5khon' ukuze ubekho ummandla olinganayo ongamakhulu asithoba eemitha ngapha nangapha, isixeko sona siphakathi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

6AbaLevi ze nibanike iidolophu zibe ntandathu, apho umntu angabalekela khona xa abulele omnye ngengozi. Ngaphezu koko ke banikeni ezinye iidolophu zibe ngamashumi amane anambini

7ndawonye namadlelo azo, ukuze ke zibe ngamashumi amane anesibhozo zizonke.

8Inani leedolophu ezinikwa abaLevi kwindlu nganye loxhomekeka kubungakanani bomhlaba waloo ndlu. Kweneedolophu ezininzi phungula kakhulu; kweneedolophu ezimbalwa phungula kancinci.”

Iidolophu zokuphephela

9 UNdikhoyo wathetha noMosis,

10wathi makathethe namaSirayeli, athi: “Nakuba niyiwelile iJordan nangena kwelaseKanana,

11ze nimise iidolophu apho umntu angabalekela khona xa ebulele omnye ngengozi.

12Xa elapho ke woba usindile kwimpindezelo yesizalwana sikamfi. Umntu otyholwa ngokubulala omnye akufuneki abulawe lingakhange lithethwe enkundleni ityala lakhe.

13Khethani iidolophu zokuphephela zibe ntandathu,

14zibe ntathu ngaphesheya empuma yomlambo iJordan, zibe kwantathu nganeno kwelaseKanana.

15Ezi dolophu zoba yindawo yokubalekela kumaSirayeli, kanti nakwiintlanga ezingabangeneleli okanye abemi. Nabani na ke obulele umntu ngengozi woba nokubalekela kwenye yazo.

16-18“Kambe ke yena umntu obulele omnye esebenzisa isixhobo esiyintsimbi, ilitye, okanye umthi, woba netyala lokubulala, isigwebo sakhe ibe kukubulawa.

19Uxanduva lokubulala isigwinta eso loba phezu kwesizalwana esingumphindezeli. Apho sisifumene khona masisibulale eso sigwinta.

© 1996 Bible Society of South Africa.

20“Ukuba umntu unomntu amzondayo waza wambulala ngokumeyelisela,
ukumgibisela ngento, okanye ukumlalela,
21noba kukumbetha ngamanqindi, loo mntu unetyala lokubulala,
makabulawe. Uxaduva lokubulala eso sigwinta loba kwisizalwana
esingumphindezeli womfi lowo; ngoko ke masisibulale apho sisifumene
khona.
22“Kambe ke ukuba umntu ubulele omnye ngengozi, kungengakuba
ebemzonda, noba umbulele ngokumeyelisela okanye ukumgibisela ngento,
23okanye mhlawumbi umntu ubethe omnye ngelitye engamboni,
engenazinjongo, engelulo natshaba lwakhe,
24kwimeko enjalo ityala maligwetywe yinkundla, nayo ke igwebele lo
ubuleleyo, ingesiso isizalwana sikamfi esifuna impindezelo.
25Inkundla mayimhlangule umbulali lowo kwisizalwana sikamfi;
makabuyiselwe kwakuloo dolophu ebephephele kuyo. Umbulali lo ke
makahlale apho kude kufe loo mntu ungumbingeleli omkhulu kwelo thuba,
lowo uthanjiswe ngamafutha angcwele.
26Kambe ke ukuba umbulali lowo umkile apho kuloo dolophu ebephephele
kuyo,
27waza ke wabhaqwa, wabulawa sisizalwana sikamfi, eso senzo sempindezelo
asilotyala lakubulala.
28Loo mntu ubuleleyo makahlale apho kuloo dolophu yokuphephela kude
kufe umbingeleli omkhulu; emva koko ke angagoduka.
29Le mimiselo ke iya kubopha nina nezizukulwana zenu noba seniphi na.
30“Umntu otyholwa ngokubulala angáfunyanwa enetyala aze abulawe
kuphela xa kukho amangqina; ke lona ingqina elinye alanele ukuxhasa
isityholo sombulali.
31Isigwinta masibulawe. Mayingamkelwa intlawulo yokusindisa ubomi baso.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

32Ukuba umntu ubalekele kwidolophu yokuphephela makangavunyelwa akhuphe intlawulo khon' ukuze abe nokugoduka engekafi umbingeleli omkhulu.

33Ze ningalifaki umlaza ilizwe lakowenu. Kaloku ubugwinta buyalingcolisa ilizwe. Ibe ke ucamagushelo alunakwenzelwa ilizwe ekuphalazwe igazi kulo, ngaphandle kokuba kuphalazwe igazi lesigwinta eso.

34Ningaze nilifake umlaza ilizwe enihlala kulo; kaloku mna ndinguNdikhoyo, ndihlala phakathi kwabantu bam amaSirayeli.”

Eyasentlango 36

Ilifa lababhinqileyo

1Iinkulu zendlu yakwaGiliyadi unyana kaMakire umzukulwana kaManase unyana kaJosefu, zaya kuMosis enezinye iinkokheli.

2Zafika zathi: “ UNdikhoyo wakuyalela ukuba amaSirayeli uwabele umhlaba ngamaqashiso. Ngokunjalo wathi umhlaba womntakwethu uZelofehadi uze uwunike iintombi zakhe.

3Kambe ke xa zithe zendela ndlwini yimbi, loo mhlaba wazo uwela kuloo ndlu; ngaloo ndlela ke umhlaba olilifa lethu utsho unciphe.

4Ngonyaka wobuyiselo xa yonke imihlaba ebithengiwe ibuyiselwa kubanini bayo bamandulo, imihlaba yeentombi zikaZelofehadi ibuyela kwezo zindlu zendele kuzo; ngaloo ndlela ke uyancipha umhlaba olilifa lakowethu.”

5Ngoko ke uMosis wathetha namaSirayeli, wawanika lo myalelo kaNdikhoyo uthi: “Le nto ithethwa ngamaManase yinyani.

6Ngoko ke uNdikhoyo uthi: ‘Iintombi zikaZelofehadi zikhululekile ukuba zendele nakubani na, kodwa ke kube kwakule ndlu yakowazo.

7Umhlaba olilifa lendlu yakwaSirayeli mawungadluleli kwizindlu ngezindlu. Umhlaba womSirayeli ngamnye kufuneka uhlale ungowaloo ndlu azalwa kuyo nanini na.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Intombi yomSirayeli efumene ilifa lomhlaba kufuneka yendele kwakuloo
ndlu yakowayo. Ngale ndlela ke umhlaba wookhokho bendlu ethile uya
kujikeleza kwakuloo ndlu,

9ungaze uphuncuke uye ndlwini yimbi. Umhlaba wendlu nganye uya kuhlala
ungowaloo ndlu nanini na.’ ”

10-11Ke kaloku uMala, uTiza, uHogela, uMilika, noNoha, iintombi
zikaZelofehadi, zenza ngokomlomo kaNdikhoyo kuMosis, zendela kwimizi
yendlu yakowazo.

12Ewe, zendela kwakwimizi yendlu kaManase unyana kaJosefu, yaza ke ngolo
hlobo imihlaba kayise ayaphuma kule ndlu yakowazo.

13Nantso ke imiyalelo nemimiselo eyanikwa amaSirayeli nguNdikhoyo
ngoMosis, kuloo mathafa aseMowabhi phesheya kweJordan malunga
neJeriko.

© 1996 Bible Society of South Africa.

Uhlaziyo-Mnqophiso

Uhlaziyo-Mnqophiso 1

Intshayelelo

1Le yintetho uMosis awayibhekisayo kumaSirayeli xa ayesentlango phesheya
kweJordan kwicala lasempumalanga. Babekwintili yeJordan ngaseSufi,
phakathi kweParan nezi dolophu: iTofele, iLabhan, iHazeroti, neDizahabhi.

2Luhambo lweshumi elinanye lweentsuku ukusuka kwintaba iHorebhe ukuya
eKadeshe-bhaneya xa udlula kweleentaba lase-Edom.

3Ngomhla wokuqala kwinyanga yeshumi elinanye yonyaka wamashumi
amane amaSirayeli aphumayo eJiputa, uMosis wawaxelela zonke izinto
awayeziyalelwe nguNdikhoyo malunga nawo.

4Ngeli xesha ke kwakusemveni kokoyiswa kokumkani uSihon wama-
Amori owayehlala eHeshbhon; ngokunjalo nokumkani uOgi
waseBhashanowayekwiidolophu iAshtaroti ne-Edreyi.

5Apho phesheya kweJordan kumhlaba waseMowabhi uMosis wasuka
wayichaza imithetho kaThixo, wenjenje:

6“Xa sasikwintaba iHorebhe uNdikhoyo uThixo wethu wathetha nathi, wathi:
‘Seninethuba elide nikule ntaba.

7Ngoko ke ndulukani, nisinge ngakumhlaba weentaba wama-Amori, niye
kwizizwe eziwungqongileyo kwintili yeJordan, nommandla weentaba
ngokunjalo, namathafa kumazantsi aloo ngingqi, ukuya kuthi xhaxhe
kunxweme lolwandle. Ewe, jongani kwelaseKanana, niphumele kwiintaba
zeLebhanon, niyokuthi gaa ngomlambo omkhulu iEfrati.

8Niyabona, lo mhlaba ndiwunika nina. Ngoko ke hambani niwuthathe, nime
kuwo. Kaloku ndênza isibhambathiso sokuwunika ookhokho benu,
uAbraham, uIsake, noYakobi, ngokunjalo nezizukulwana zabo.’ ”

Ukunyulwa kwamagosa
(Mfud 18:13-27)

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

9“Kaloku ngelo thuba sasikwintaba iHorebhe ndathetha nani, ndathi: ‘Mna
andinakunithwala ndindodwa.

10Kaloku uNdikhoyo uThixo wenu unandise nayinyambalala
enjengeenkwenkwezi ezisesibhaka-bhakeni.

11Kambe ke uNdikhoyo uThixo wookhokho benu wanga anganandisa
kaliwaka, anithamsanqelise ngokwesithembiso sakhe!

12Kodwa ke, uxanduva olungaka lokusombulula amaqhina anixakayo
ndingaluthwala njani ndedwa? Nditsho imithwalo yenu neembambano zenu.’

13Kungoko ke ndathi: ‘Kwindlu nganye khethani amadoda azizilumko
ezaziwayo, amadoda anamava, ukuze ndiwamisele ajongane nezidla umzi.’

14Ke nina naphendula nathi: ‘Kuhle oku uceba ukukwenza.’

15Ngoko ke ndawathatha loo madoda azizilumko anamava naniwakhethe
ngokwezindlu zenu, ndawamisela ukuba ajongane neengxaki zenu.
Ndawamisa ke ajongana namaqela angabantu abangamawaka, amakhulu,
namashumi ngamahlanu, namashumi ngamanye. Ngokwenjenjalo ndaba
ndinimisela amagosa ngokwezindlu zenu zonke.

16“Ngelo xesha ke ndabayalela abaphicotha iimbambano ezivelayo phakathi
kwenu, ndathi: ‘Umcimbi ngamnye ze niwuphicothe ningenaxanasi, noba
ngowamaSirayeli odwa okanye ngowomSirayeli nomngeneleli.

17Ze ningakhethi buso xa nigwebayo, koko ze nigwebe ulowo nalowo, noba
ungubani na, ngokufanayo. Ze ningabi nadyudyu, ningoyiki mntu, kuba
nigweba ngegunya likaThixo. Ke yona imicimbi enoyisayo ze niyizise kum,
ndiyigwebe ngokwam.’

18Kwangelo thuba ke ndaniyalela yonke into enimelwe kukuyenza.”

Ukuthunyelwa kweentlola
(Ntlango 13:1-33)

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19“Ke kaloku senza ngokomlomo kaNdikhoyo, sanduluka entabeni iHorebhe,
sacanda kweso sidikidiki sentlango eyoyikekayo, sajonga kweleentaba kuma-
Amori. Sathi ke sakufika eKadeshe-bhaneya

20ndathi ke mna: ‘Ngoku nifikile kumhlaba weentaba kwelama-Amori,
mhlaba lowo asinika wona uNdikhoyo uThixo wethu.

21Niyabona, uNdikhoyo uThixo wenu, uninike lo mhlaba. Ngoko ke hambani
niwuthathe, nime kuwo, njengoko uNdikhoyo uThixo wookhokho
aniyalelayo. Sanukuba nexhala okanye noyike.’

22“Kambe ke nina nonke neza kum, nathi: ‘Masithumele iintlola, ziye
kuwujonga umhlaba, zisicebise ngeyona ndlela singayithathayo, futhi
zisicebise nangokuma kweedolophu zakhona.’

23Ke kaloku sevana ngaloo ndawo, ndaza ke mna ndanyula ishumi elinambini
lamadoda, yanye kwindlu nganye.

24Wona ke ahamba aya kutsho kweleentaba, aya kuma kwintili ye-Eshkoli,
aza ke ayihlola.

25Ekubuyeni kwawo asiphathela iziqhamo zakhona, enza nengxelo ethi elo
lizwe asinika lona uNdikhoyo uThixo wethu lihle liyintombazana.

26“Kambe ke nina navukelana nawo umyalelo kaNdikhoyo uThixo
wenu, anavuma ukungena kulo elo lizwe.

27Nahlala phantsi nakhalaza, nisithi: ‘UNdikhoyo usithiyile; ebengekhe
asikhuphe kwelaseJiputa, aze azokusibeka esichengeni sokubulawa ngala ma-
Amori!

28Siya kuya phi na ke ngoku? Andithi kaloku nala madoda besiwathumile
asityhafisile esithi abantu belo lizwe bomelele, futhi bade kunathi,
ngokunjalo bahlala kwiidolophu ezinkulu ezibiyelwe ngeendonga ezirhec'
izulu; kananjalo babone neengxilimbela ezingoonyana baka-Anaki!’

29“Ke mna ndaniyala ndisithi: ‘Musani ukuba nedyudyu nixhalabe ngenxa
yabo!

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

30UNdikhoyo uThixo wenu nguye onikhokelayo. Yena wonilwela njengoko
nambonayo esenjenjalo eJiputa
31nasentlango. Andithi kaloku yena wanibeleka njengoko uyise enjenjalo
kunyana wakhe, yonke loo ndlela kude kube ngoku?'
32Kodwa ke, nakuba kunjalo, animthembanga uNdikhoyo uThixo wenu,
33kanti nguye owayesoloko enikhokela ade anifunele nendawo eningamisa
kuyo. Ewe, kaloku wayenikhokela ngelangatye lomlilo ebusuku, ukuze
niyibone indlela emanihambe ngayo, aze anikhokele ngomqulu welifu
emini."

Ukohlwaywa kwamaSirayeli
(Ntlango 14:20-45)

34"Ke kaloku uNdikhoyo akuziva izikrokro zenu wakhathazeka, wada
wafunga wathi:
35'Inene, akukho namnye kuni, sizukulwanandini esigwenxa, uya kungena
kwelo lizwe lihle kunene ndabathembisa ngalo ngesifungo ooyihlo-mkhulu.
36Kuphela longenwa nguKalebhi unyana kaJefune. Kaloku yena wahlala
enyanisekile kum, ndaye ke elo lizwe walihlolayo ndiza kulinikela kuye
nesizukulwana sakhe.'
37"Kwakukwangenxa yenu ukuze uNdikhoyo akhathazeke, athi kum: 'Nawe
ngokwakho soze uthi cakatha kwelo lizwe.
38Kambe ke ihlakani lakho, uYoshuwa unyana kaNune, nguye oya kulingena
elo lizwe; mkhuthaze, kuba nguye oya kungenisa uSirayeli kwelo lizwe
elililifa lakhe.'
39"Ngaphezu koko ke uNdikhoyo wathi: 'Ngabantwana benu kuphela abaya
kungena kwelo lizwe; nditsho abo bangekakwazi ukwahlula okubi kokuhle,
abo kanye nanisithi nina boba ngamaxhoba otshaba. Elo lizwe ndiya
kulinikela kubo, limiwe ngabo.
40Ke nina jikani, nisinge entlango ngendlela eya kuLwandle oluBomvu.'

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

41“Ke nina naphendula nathi kum: ‘Simonile uNdikhoyo. Ngoko ke siza kujika silihlasele elo lizwe ngokomlomo kaNdikhoyo uThixo wethu.’ Ngenene ke nonke naqulela imfazwe, nicinga ukuba yoba yindlwana iyanetha ukuhlasela eleentaba.

42Ke yena uNdikhoyo wathi kum: ‘Balumkise uthi: “Ningayi kulwa; andiyi kuhamba nani ndinilwele; niya koyiswa ziintshaba zenu.” ’

43Ndanixelela ke loo mazwi kaNdikhoyo, kodwa zange niwakhathalele. Ewe, nasuka namgwilikela, naza nathi ngelo kratshi lenu nalihlasela eleentaba.

44Asuka ke wona ama-Amori awayehlala kwezo ntaba, athi quba phezu kwenu oku kwebubu leenyosi. Aningena ke, aniswantsulisa, nada naya kufika eHoma, anoyisela kwezo ntaba zaseSeyire.

45Kweso sithuba ke naba ngazibika kuNdikhoyo nilila, suka wavingc' iindlebe, akaniphulaphula.

46“Ke kaloku nahlala eKadeshe ixesha elide.”

Uhlaziyo-Mnqophiso 2

Ukubhadula entlango

1“Emva koko sanduluka sangena entlango ngendlela eya kuLwandle oluBomvu, ngokwelizwi likaNdikhoyo. Apho ke sathatha ithuba elide ukujikeleza ezo ntaba zaseSeyire.

2“UNdikhoyo ke wathetha nam, wathi:

3‘Selilide ithuba nizama ukujikela le ntaba, ngoko ke jikani niye kwelasentla.

4Ke ngoko uzubayale abantu, uthi: “Ngoku seniza kungena kweleentaba laseSeyire, umhlaba wamawenu inzala kaEsawu. Ke wona aza kunoyika,

5kambe ke ze nizilumkele ningawaqali, kuba kaloku andiyi kuninika nomhlathana lo kumhlaba wawo. Intaba yeSeyire ndayinika uEsawu nenzala yakhe.

6Ukutya namanzi wathengeni kubo xa nidlulayo.” ’

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7“Khumbulani kaloku uNdikhoyo uThixo wenu unithamsanqele kuko konke enikwenzileyo. Unilondolozile ngalo lonke uhambo lwenu kwesi sithabazi sentlango. Kula mashumi mane eminyaka uNdikhoyo uThixo wenu ebenani, anaswela nto.

8“Ngoko ke sanduluka, sagqitha eSeyire, nditsho kumhlaba wamawethu inzala kaEsawu, sayishiya indlela yasentlango ephuma e-Elati nase-Eziyon-gebhere eya kuLwandle oluFileyo, sajika sasinga kwintlango yaseMowabhi.

9UNdikhoyo wandiyala wathi: ‘Uze ungawabandezeli uwaqale amaMowabhi, inzala kaLothe, kuba ndiwaphe idolophu yaseAra. Ke andiyi kukunika nendawana le kumhlaba wawo.’

10“Apho ke eAra kwakumi uhlanga olomeleleyo, kusithiwa ngamaEma. Nawo ayeziingxilimbela njengama-Anaki.

11Kwanjengama-Anaki nawo kwakusithiwa ngamaRafa, kambe ke wona amaMowabhi ayesithi ngamaEma.

12Wona amaHori ayekade emi eSeyire, aza agxothwa yinzala kaEsawu, yawaphanzisa kwema yona kuloo mhlaba wawo, kwanjengokuba noSirayeli ezigxothile iintshaba zakhe kumhlaba awuphiwe nguNdikhoyo.

13“UNdikhoyo wathi: ‘Sukani niwele umfula iZeredi.’ Senjenjalo ke.

14“Ngoku ke kwakusekuyiminyaka emashumi mathathu anesibhozo saphumayo eKadeshe-bhaneya. Onke amajoni eso sizukulwana ayeselafa ngokomlomo kaNdikhoyo.

15UNdikhoyo wachasana nawo wada wawatshabalalisa kwathi nya.

16“Akuba loo majoni efe onke ke,

17uNdikhoyo wathi kum:

18‘Namhlanje ke niza kucanda kumhlaba waseMowabhi ngaseAra.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Xa nilapho ke noba kufuphi kumhlaba wama-Amon, inzala kaLothe. Ze
ningawabandezi okanye niwaqale; kaloku andiyi kuninika nento le kumhlaba
endawunika wona.’

20“Lo mmandla ke ukwaziwa ngokuba ngumhlaba wamaRafa, gama elo
lilelabantu ababemi khona ngaphambili, ke wona ama-Amon ayesithi
ngamaZamzum.

21Nabo babeziingxilimbela njengama-Anaki. Babeluhlanga olomeleleyo,
bebaninzi ngamanani. Phofu ke uNdikhoyo wabatshabalalisa, khon' ukuze
umhlaba wabo umiwe ngama-Amon.

22UNdikhoyo wenza kwaloo nto kumaEdom, inzala kaEsawu leyo imi
kweleentaba eSeyire. Wawatshabalalisa amaHori, khon' ukuze amaEdom eme
kuloo mhlaba wawo. Asekuwo ke unanamhla.

23Ke amaKrete, awayevela kwisiqithi saseKrete, awatshabalalisa ama-Avi,
awayemi ntlandlolo kwiidolophu zonke ukuya kuthi xhaxhe eGaza, aza ema
khona.

24“Sakuba ke sigqithile eMowabhi, uNdikhoyo wathi: ‘Ke ngoku sukani
niwele umlambo iAnoni. USihon ukumkani wama-Amori oseHeshbhon
sendimnikele esandleni senu, ngokunjalo nomhlaba wakhe. Mhlaseleni, niye
niwuhluthe umhlaba wakhe.

25Ukusukela namhlanje bonke abantu belimiweyo ndiza kubenza banoyike,
barhwaqeliswe yingxelo yoko nikwenzileyo.’ ”

Ukoyiswa kukaSihon
(Ntlango 21:21-30)

26“Ngoko ke ndathumela kukumkani uSihon waseHeshbhon xa thina
sasikwintlango yeKedemoti, ndizama uxolo, ndisithi:

27‘Siyakubongoza, sivumele sinqumle emhlabeni wakho. Siya kuhamba ngqo,
singaphumi endleleni.

28Ukutya namanzi esiwasebenzisileyo siya kuwahlawula. Kuphela into
esiyifunayo kukugqitha nje emhlabeni wakho,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

29side siye kuwela umlambo iJordan, singene kwilizwe esiliphiwe nguNdikhoyo uThixo wethu. Ke yona inzala kaEsawu eseSeyire ndawonye namaMowabhi aseAra asivumele ukuba sicande emhlabeni wawo.’

30“Kambe ke ukumkani uSihon wala ukuba sicande emhlabeni wakhe. Kaloku uNdikhoyo uThixo wenu wayemenze wanenkani waqaqadeka, khon' ukuze simoyise siwuthathe lo mhlaba wakhe simi kuwo unangoku.

31“UNdikhoyo ke wathetha nam, wathi: ‘Uyabona ke, ukumkani uSihon sendimgqibile; akusekho yakhe. Ngoko ke ngenani niwuthathe umhlaba wakhe, nime kuwo.’

32Ke kaloku ukumkani uSihon waphuma nawo wonke umkhosi wakhe, weza kulwa nathi ngaseJaza.

33Kambe ke yena uNdikhoyo uThixo wethu wamnikela kuthi, samoyisa noonyana bakhe nawo wonke umkhosi wakhe.

34-35Ngokunjalo ke sahlasela satshabalalisa kuzo zonke iidolophu, amadoda, abafazi, ndawonye nabantwana, asashiya nempunde le. Iidolophu sazitshabalalisa; ke sathimba kuphela iinkomo namanye amaxhoba.

36Sazitshabalalisa zonke iidolophu ukusukela eArure ekungeneni kwintili yeAnoni, nesixeko esisembindini waloo ntili, ukuya kuthi gaa ngeGiliyadi. Ukomelela kweendonga zezo dolophu kwaba yintwan' encinci kuthi. NguNdikhoyo uThixo wethu owakunikela kuthi konke oku.

37Kambe ke asisondelanga kummandla wama-Amon, okanye kunxweme lomlambo iJabhoko, nakwiidolophu zomhlaba weentaba, nakuyo nayiphi na indawo esasingayalelwanga ngayo nguNdikhoyo uThixo wethu.”

Uhlaziyo-Mnqophiso 3

Ukoyiswa kukakumkani uOgi

(Ntlango 21:31-35)

1“Ke kaloku senyuka saya eBhashan. Ke yena ukumkani uOgi waphuma nawo wonke umkhosi wakhe, wasihlasela ngase-Edreyi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2 UNdikhoyo ke wathi kum: ‘Musani ukumoyika; ndimnikele ezandleni zenu,
ndawonye nomkhosi wakhe, nawo wonke umhlaba wakhe. Nakuye yenzani
kwangaloo ndlela nenza ngayo kuSihon ukumkani wama-Amori eHeshbhon.’

3“Ngoko ke uNdikhoyo wamnikezela kuthi nokumkani uOgi waseBhashan,
saza samxabela ndawonye nabantu bakhe, akwasala namnye.

4Ngokunjalo ke sazihlasela sazithatha zonke iidolophu zakhe, asashiya noba
ibe nye. Xa zizonke yaba ziidolophu ezimashumi mathandathu yonke loo
ngingqi yaseAgobhi, eyayiphantsi ko-Ogi ukumkani waseBhashan.

5Zonke ke ezo dolophu zazinqatyisiwe zibiyelwe ngeendonga, zinamasango
omelezwe ngemivalo yentsimbi; phofu zazikho needolophu
ezazingabiyelwanga.

6Zonke ke sazitshabalalisa, sabulala ndoda, mfazi, namntwana wembala,
kanye kwangalaa ndlela senza ngayo kwiidolophu zikakumkani uSihon
waseHeshbhon.

7Sazithimbela iinkomo namanye amaxhoba apho ezidolophini.

8“Ngelo thuba ke sawuthatha wonke umhlaba wezo kumkani zimbini zama-
Amori, ngasempuma yomlambo iJordan, ukusuka kumlambo iAnoni ukuya
kwintaba iHermon.

9Ke intaba iHermon yayibizwa ngokuba yiSiriyon ngamaSidon, ama-Amori
wona esithi yiSenire.

10Sawuthatha wonke ummandla kakumkani uOgi waseBhashan: ezo dolophu
zikuloo mathafa, ummandla waseGiliyadi naseBhashan, sada saya kutsho
empuma kwiidolophu zaseSaleka nase-Edreyi.

11“Ukumkani uOgi waba ngowokugqibela kumaRafa. Wayelala ebhedini
yentsimbi. Yayiziimitha ezine ubude, zikwisithuba sesibini ububanzi.
Nangoku ke isekhona kwidolophu yama-Amon iRabha.”

Izindlu ezasala ngasempumalanga
(Ntlango 33:1-42)

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12“Ukuwuthatha kwethu umhlaba osempumalanga yeJordan, amaRubhen namaGadi ndawanika ummandla ongasentla kweArure ngakumlambo iAnoni, nenxalenye yeleentaba zaseGiliyadi, ngokunjalo needolophu zakhona.

13Ke sona isiqingatha samaManase ndasinika loo mhlaba useleyo waseGiliyadi, ngokunjalo neBhashan iphela apho kwakulawula uOgi. Yonke loo ngingqi yaseAgobhi kwelaseBhashan yayisaziwa ngokuba ngumhlaba wamaRafa.

14UJayire wendlu kaManase wawuthatha wonke loo mmandla waseAgobhi, iBhashan, ukuya kutsho kwimimandla yaseGeshuri naseMahaka. Ezo dolophu ke wazithiya ngaye; nangoku ke kusathiwa zezikaJayire.

15Ke yona iGiliyadi ndayinika imizi kaMakire wendlu kaManase.

16AmaRubhen namaGadi ndawabela ummandla waseGiliyadi ukuya kumlambo iAnoni. Umbindi waloo ntili yangumda ongezantsi; umda ongasentla wona yangumlambo iJabhoko onxalenye yawo yayingumda wama-Amon.

17Ngasentshonalanga umda wabo wawuye kuthi xhaxhe ngomlambo iJordan; ngasentla usuka kuLwandle lwaseGalili uye kuthi gaa ngoLwandle oluFileyo ngezantsi, uze uye kuthi rhece kumalengalenga entaba iPisga empumalanga.

18“Kananjalo ngelo thuba ndaniyalela, ndathi: ‘UNdikhoyo uThixo wenu uninikile loo mhlaba usempumalanga yomlambo iJordan ukuba nime kuwo. Ke wona umkhosi wenu wuxhobiseni, niwuthumele uwele iJordan, wandulele amawawo.

19Abafazi nabantwana, ngokunjalo nomhlambikazi weenkomo zenu, mabasale apha kwezi dolophu ndinabele zona.

20Wancedeni amawenu nawo ade azinze kuloo mhlaba awuphiwe nguNdikhoyo kwintshonalanga yomlambo iJordan, njengoko selenzile nakuni. Emva koko ke noba nako ukubuyela apha kulo mhlaba usisabelo senu.’

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21“Ndaza ke ndathetha noYoshuwa, ndathi: ‘Sowuyibonile ke into eyênziwa
nguNdikhoyo uThixo wethu kookumkani ababini, uSihon no-Ogi. Úsaza
kwenza kwaloo nto ke nakubo bonke ookumkani obahlaselayo kwelo lizwe
ùya kulo.

22Ningaboyiki, kuba uNdikhoyo uThixo wenu nguye oza kunilwela.’ ”

UMosis uyàlèlwa ukungena eKanana

23“Kwangelo thuba ndambongoza uNdikhoyo, ndathi:

24‘Mhlekazi Ndikhoyo, nakalokunje wena sowundikrobisile kumsebenzi
wakho omkhulu omangalisayo oseluwuqalile. Akukho thixo wumbi ezulwini
nasemhlabeni onako ukwenza imisebenzi enjengale uyenzileyo ukuba
mikhulu!

25Ndiyakubongoza kaloku, Ndikhoyo, ndivumele ndiyiwele iJordan,
ndiwubone loo mhlaba mhle kunene, ngaphesheya phaya, ezaa nduli
zibukekayo ngokunjalo naloo ntaba yeLebhanon.’

26“Kambe ke ngenxa yenu, bantundini, uNdikhoyo wacaphuka,
akandiphulaphula, suka wathi: ‘Kwanele; sukuba sathetha nokuthetha!
Andisafuni kuva nto ngalo mcimbi.

27Nto nje hamba uqabele kwincochoyi yentaba iPisga, ulibuke ujonge
ngasentla, ezantsi, empuma, nasentshonalanga. Uya kulibona kuphela
ngamehlo, kuba awusoze uwuwele umlambo iJordan.

28UYoshuwa myale, umkhuthaze, umomeleze, kuba nguye oza kukhokela
amaSirayeli awele aye kuma kwelo lizwe ulibonayo.’

29Ngoko ke sahlala apho kuloo ntili ijongene neBhete-pehore.”

Uhlaziyo-Mnqophiso 4

Intobeko elindeleke kuSirayeli

1UMosis wawayala amaSirayeli, wathi: “Le mimiselo ndinifundisa yona
yithobeleni, khon' ukuze niphile, nibe nako ukungena kwelo lizwe niliphiwa
nguNdikhoyo uThixo wookhokho benu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Le miyalelo kaNdikhoyo ndininika yona ze niyigcine, ningaze niyandise okanye niyinciphise.

3Nazibonela ngokwenu into awayenzayo uNdikhoyo eBhali-pehore. Wabatshabalalisa bonke ababenqula uBhali wasePehore,

4kambe ke nina enanibambelele kuNdikhoyo uThixo wenu nisekho unanamhla.

5“Niyabona ke, ndinifundise yonke imimiselo nemigaqo ngokomlomo kaNdikhoyo uThixo wam, khon' ukuze niyithobele nakulizuza elo lizwe niza kungena kulo.

6Yithobeleni niyigcine, zize ezinye izizwe ziniqonde ukuba ninobulumko nengqiqo. Zakuva ngale mimiselo ziya kutsho ukuthi: ‘Hayi, ukulumka nokuba nengqiqo kolu hlanga olukhulu!’

7Sisiphi na esinye isizwe esikhulu kangangokuba uthixo waso abe kufutshane kuso njengoko uNdikhoyo uThixo wethu esondele kuthi xa simthandaza?

8Sisiphi na esinye isizwe esikhulu kangangokuba sibe nemimiselo nemigaqo enjengalo mthetho endiwaneka phambi kwenu namhlanje?

9Lumkani ke, nizigcine ubomi benu bonke, hleze nikulibale konke enakubonayo ngamehlo enu, kulibaleke nakwiinkumbulo zenu. Ze nibalisele abantwana benu, ngokunjalo nabazukulwana

10ngalaa mini nanimi phambi koNdikhoyo uThixo wenu kwintaba iHorebhe, apho wathetha nam wathi: ‘Bahlanganise ndawonye aba bantu, ukuze baweve amazwi am, bafunde ukundihlonela nanini na besadla amazimba kweli gada lomhlaba, nokuze bafundise nabantwana babo.’

11“Kaloku nakha nasondela nafika nema emazantsi entaba eyayigqunywe yintshinyela yomsi, inamalangatye omlilo awayedangazela esibhakabhakeni.

12UNdikhoyo wathetha nani ekuloo mlilo, naza nakuva ukuthetha kwakhe, kodwa anabi nako mpela ukubona ubuqu bakhe – ibililizwi kuphela.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Wawubhengeza kuni umnqophiso wakhe emaniwuthobele, nditsho imithetho elishumi ayibhale kumacwecwe amabini amatye.

14UNdikhoyo wandiyala ukuba ze ndinifundise imimiselo nemigaqo eniya kuyithobela kwelo niwelela kulo ukuba nilimé.”

Isilumkiso ngonqulo-zithixo

15“Xa uNdikhoyo wayethetha nani eselangatyeni lomlilo kwintaba iHorebhe, zange nisibone isiqu sakhe. Ncedani ke nizigcine,

16ningaze none ngokuziqingqela umfanekiso, noba uluhlobo luni na, noba yindoda okanye umfazi,

17isilwanyana okanye intaka,

18into erhubuluzayo noba yintlanzi.

19Ningaze nilingeke nizinqule nizibuse izinto enizibona esibhakabhakeni: ilanga, inyanga, neenkwenkwezi. UNdikhoyo uThixo wenu ezi zinto uziyekele ezinye izizwe ukuba zizinqule.

20Ke nina ningabantu uNdikhoyo abahlangule eJiputa kwiziko lomlilo. Wanikhupha apho, khon' ukuze anenze abantu bakhe ncakasana njengokuba kunjalo namhlanje.

21“Ngenxa yenu uNdikhoyo uThixo wenu waxabana nam, wafunga ukuba andiyi kuwuwela umlambo iJordan ndilibone ilizwe lendyebo aninika lona.

22Ngoko ke mna andizukuwuwela umlambo, koko ndiza kufela apha, kodwa ke nina seniza kuwela niye kuma kwelo lizwe lendyebo.

23Zigcineni kunene, ningaze niwulibale umnqophiso ophakathi kwenu noNdikhoyo uThixo wenu, nisuke niwugqithe umyalelo wakhe, niziqingqele umfanekiso noba ngowantoni na.

24Kaloku uNdikhoyo uThixo wenu ngumlilo olenyayo; unguThixo onekhwele.

© 1996 Bible Society of South Africa.

25“Naxa senaluphele kwelo lizwe, senide nanabantwana nabazukulwana, ukuba nithe nona ngokuziqingqela umfanekiso, noba ngoluhlobo luni na, nenza okubi phambi koNdikhoyo uThixo wenu, niyamcaphukisa.

26Ke ngoko namhlanje izulu nomhlaba ngamangqina am: ukuba nithe nenjenjalo niya kukhawuleza ningabikho kwelo lizwe. Aniyi kuhlala thuba lide phaya phesheya kweJordan, kweli lizwe niya kulo ngoku. Niya kutshatyalaliswa niphele tu.

27UNdikhoyo uya kunisarhaza phakathi kwezizwe apho kuya kusinda iqaqobana nje kuni.

28Apho ke niya kunqula oothixo abenziwe ngabantu, abenziwe ngomthi, nangamatye: oothixo abangaboniyo, abangevayo, abangatyiyo, bengajoji nokujoja.

29Niya kuthi ke nakumfuna uNdikhoyo uThixo wenu nikuloo meko nimfumane; ewe, ukuba nimfuna nimlangazelela ngomxhelo wenu wonke niya kumfumana.

30Niya kuthi kamva nakuba sengxakini zibe zinihlele zonke ezi zinto, nitsho nibuyele kuNdikhoyo uThixo wenu, nimthobele.

31Yena unguThixo onemfesane. Akayi kunilahla kuphele, okanye anitshabalalise; ewe, akayi kuwulibala umnqophiso awawenza ngokwakhe nookhokho benu.”

NguNdikhoyo yedwa uThixo

32“Ze nifunisise nibuzise ngamaxesha amandulo ningekazalwa, de kuye kwixesha apho uThixo wadala umntu emhlabeni. Ze nibuzise ehlabathini liphela. Ngaba into enjengale yakha yehla na ngaphambili? Ngaba ukhona na umntu owakha weva ngento enjengale?

33Ngaba sikho na isizwe esakha seva uThixo ethetha naso eselangatyeni lomlilo, saza saphila, njengani?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

34Ukhona na omnye uthixo owakha waphuthuma abantu kwesinye isizwe,
waza wabenza abakhe ncakasana? Kaloku uNdikhoyo uThixo wenu amandla
obungangamsha bakhe wawabonakalisa phambi kwenu; wezisa izibetho
neemfazwe, wenza imiqondiso nemimangaliso, watsho kwehla izinto
ezirhwaqelisayo, nto leyo wayenzayo ngenxa yenu eJiputa.

35“UNdikhoyo unibonisile zonke ezi zinto, khon' ukuze niqonde ukuba
akukho wumbi, nguye yedwa uThixo.

36Wahlokomisa ilizwi lakhe emazulwini kuba eniqeqesha. Nathi nilapha
emhlabeni wanibonisa umlilokazi wakhe, waza wathetha nani elapho kuwo.

37Wathi ngenxa yokubathanda ookhokho benu waninyula wanikhupha
kwelaseJiputa ngamandla akhe angummangaliso nangobukho bakhe,

38waza wagxotha izizwe ezikhulu nezinamandla kunani, khon' ukuze
aningenise kwimihlaba yazo, mihlaba leyo iseyeyenu unanamhla.

39“Kuvumeni nikwamkele ukuba uNdikhoyo unguThixo wamazulu
nehlabathi. Akukho Thixo wumbi ngaphandle kwakhe.

40Yonke imimiselo nemiyalelo yakhe endininike yona namhlanje yithobeleni,
khon' ukuze liqaqambe ikamva lenu nezizukulwana zenu. Ngaloo ndlela ke
niya kuma ngonaphakade kweli lizwe aniphe lona uNdikhoyo uThixo wenu.”

Iidolophu zokuphephela phesheya kweJordan

41UMosis ke wakhetha iidolophu zantathu ngaphesheya empuma yeJordan,

42apho umntu wayengaphephela khona, ukuze asinde xa ebulele umntu
ongelotshaba lwakhe ngengozi. Xa ebalekele kwezi dolophu
wayengenakubulawa.

43Indlu kaRhubhen wayinika idolophu yaseBhezere kweso sithabazi
sentlango; indlu kaGadi yona wayinika iRamoti kwelaseGiliyadi; waza ke
yona indlu kaManase wayinika iGolani eBhashan.

Isingeniso somthetho kaThixo

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

44-46Ke kaloku uMosis wawandlala phambi kwamaSirayeli umthetho kaThixo, ewakhumbuza ngazo zonke izicwangciso nemimiselo nemigaqo yakhe. Kwakusemva kokuphuma kwawo eJiputa, xa ayekuloo ntili iphesheya kweJordan, malunga neBhete-pehore. Apha ke kwakukummandla owawukade ungokaSihon ukumkani wama-Amori owayehlala eHeshbhon. Kaloku uMosis namaSirayeli amoyisa ukuphuma kwabo eJiputa.

47Bema emhlabeni wakhe, ngokunjalo nakokaOgi ukumkani waseBhashan phesheya kweJordan, owayengomnye wookumkani ababini aba bama-Amori.

48Lo mhlaba ke wawusuka eArure ekungeneni komlambo iAnoni, ugongothe unyuke uyokutsho kwintaba iSiriyon (okanye intaba iHermon).

49Kwangokunjalo wawuthatha nengingqi ephesheya kweJordan uhle uyokutsho kuLwandle oluFileyo, empuma uyokurheca amazantsi entaba iPisga.

Uhlaziyo-Mnqophiso 5

Umnqophiso
(Mfud 20:1-17)

1Ke kaloku uMosis wawabiza onke amaSirayeli, waza wadanduluka wenjenje: “Hoyina, maSirayeli! Phulaphulani, nantsi imimiselo nemigaqo endiyibhengeza ezindlebeni zenu namhlanje. Yifundeni ngenyameko, nize niyithobele.

2Kwintaba iHorebhe uNdikhoyo uThixo wethu wenza umnqophiso nathi.

3Lo mnqophiso akawenzanga noobawo nje qha, koko wawenza nathi sonke ngabanye, thina baphilayo namhlanje.

4Apho kuloo ntaba uNdikhoyo wathetha nani ubuso ngobuso eselangatyeni lomlilo.

5Ngelo thuba ke mna ndema phakathi kwenu noNdikhoyo ndinivakalisela awayekuthetha, kuba kaloku nina nasuka noyika nakubona umlilo, anavuma ukusondela entabeni. “UNdikhoyo wathetha nani, wathi:

© 1996 Bible Society of South Africa.

6‘Mna ndinguNdikhoyo uThixo wakho owakukhupha eJiputa apho wawulikhoboka khona.

7“ ‘Ungaze unqule thixo wumbi ngaphandle kwam.

8“ ‘Ungaze uziqingqele umfanekiso wothixo, nditsho nokuba ngowantoni na esesibhakabhakeni phezulu, okanye esemhlabeni phantsi, okanye nokuba yeyasemanzini aphantsi komhlaba.

9Ungaze ukhahlele unqule umfanekiso oqingqiweyo; kuba mna Ndikhoyo Thixo wakho ndinguThixo onekhwele. Ndiyabohlwaya abandithiyileyo; ewe, ndohlwaya ooyise ndide ndiye kuqhina kwesesithathu nakwesesine isizukulwana sabo.

10Kodwa ke ndiphuphuma izibele kumawaka-waka abo bandithandayo beyithobela imiyalelo yam.

11“ ‘Ungaze ulikhankanye ngelize igama lam; mna Ndikhoyo Thixo wakho andiyi kumxolela ofumana alibize igama lam.

12“ ‘ UMhla wokuPhumla wugcine ulusuku olulodwa lwam njengoko mna Ndikhoyo Thixo wakho ndikuyalelayo.

13Sebenza imihla emithandathu, uwenze wonke umsebenzi wakho.

14Ke wona umhla wesixhenxe lusuku lwam olulodwa lokuphumla. Ngoko ke makungabikho mntu usebenzayo ngalo mhla; nditsho nawe, umntwana wakho, nesicaka sakho, nemfuyo yakho, ngokunjalo nomngeneleli ohlala phakathi kwenu. Nesicaka sakho masiphumle kwanjengawe.

15Kaloku khumbula ukuba nawe ubulikhoboka kwelaseJiputa, ndaza ke mna Ndikhoyo Thixo wakho ndakukhulula ngamandla obungangamsha bam. Yiyo ke le nto ndikuyalela ukuba uwubeke uMhla wokuPhumla.

16“ ‘Mhlonele uyihlo ndawonye nonyoko njengoko mna Ndikhoyo onguThixo wakho ndikuyalelayo, khon' ukuze ube nokuzinza uxhamle intlala-kahle kwelo lizwe ndikunika lona mna Ndikhoyo Thixo wakho.

17“ ‘Musa ukuba sisibulala-mntu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

18“ ‘Musa ukukrexeza.

19“ ‘Musa ukûba.

20“ ‘Musa ukungqina ubuxoki ngomnye umntu.

21“ ‘Musa ukunqwenela umfazi wenye indoda; ngokunjalo nomzi wayo, nentsimi yayo, nesicaka sayo, nenkomo yayo, nedonki yayo, nayo nantoni na eyeyomnye umntu.’

22“Nantso ke imithetho awayibhengezayo kuni uNdikhoyo xa ninonke ngokuya nanihlangene entabeni. Ewe, akukho yimbi imithetho awayivakalisayo ngokuya wayethetha ngelizwi elikhulu eselangatyeni lomlilo kwintshinyela yomsi. Ke yona wayibhala kumacwecwe amabini amatye, wayinika mna.”

Ukoyika kwamaSirayeli
(Mfud 20:18-21)

23“Kaloku xa intaba yayingumlilo nje yonke, nathi nakuliva ilizwi esithokothokweni sobumnyama, amadoda amakhulu kunye neentloko zezindlu zenu eza kum,

24nathi: ‘ UNdikhoyo uThixo wethu usibonisile isihomo nobungangamsha bakhe; kaloku simve ethetha eselangatyeni lomlilo! Namhlanje siyaqonda ukuba kuyenzeka ukuba umntu aphile nangona uThixo athethe naye.

25Kodwa ke, ngani ukuba sizibeke emngciphekweni wokufa? Hayi bo! Laa ntleke-ntleke yomlilo iya kusitshabalalisa. Singafa ukuba uthe waqhubela phambili uNdikhoyo uThixo wethu ukuthetha nathi.

26Ngaba kukho mntu ukhe waphila akuba eve uThixo ophilayo ethetha njengoko thina simvileyo elangatyeni lomlilo?

27Hayi, Mosis, makuye wena, ukuphulaphule konke akuthethayo uNdikhoyo uThixo wethu; uze ke ubuye uze kusixelela. Ke thina siya kuphulaphula simthobele.’

© 1996 Bible Society of South Africa.

28“Ke kaloku uNdikhoyo wathi akukuva ukuthetha kwenu, wathi kum:
‘Ndiyivile into ethethwa ngaba bantu; ndiyayamkela.

29Akwaba bebeya kusoloko benezimvo ezinje! Akwaba bebeya kuhlala
bendihlonipha bayithobele imiyalelo yam, khon' ukuze balungelwe bona
nezizukulwana zabo naphakade.

30Yiya utsho kubo babuyele emizini yabo.

31Kambe ke, wena Mosis, sala apha kunye nam, ukuze ndikunike imiyalelo,
nemimiselo, nemigaqo, uze uwafundise ke amaSirayeli, khon' ukuze
ayithobele kwelo lizwe ndiwapha lona.’

32“MaSirayeli, noba sekutheni yenzani yonke into aniyaleleyo uNdikhoyo
uThixo wenu. Yithobeleni yonke imithetho yakhe ningayityesheli
nakancinane.

33Ewe, hambani ngokwemimiselo yonke kaNdikhoyo uThixo wenu, khon'
ukuze nizinze kwelo lizwe ningena kulo, nixhamle intlala-kahle nide
nikhokhobe.”

Uhlaziyo-Mnqophiso 6

Umyalelo omkhulu

1“Nanku ke umyalelo, imigaqo, nemimiselo endithunywe nguNdikhoyo
uThixo wenu ukuba ndinifundise yona. Ngoko ke ze niyithobele nakufika
kwelo lizwe niya kulo.

2Ngalo lonke ithuba lobomi bakho, wena nezizukulwana zakho, kufuneka
nimhlonele uNdikhoyo uThixo wakho, uyithobele imithetho nemiyalelo
yakhe endikunike yona, khon' ukuze ube nokuxhamla ubomi obude.

3Hoyina, maSirayeli! Yiphulaphuleni niyithobele le miyalelo! Xa niyenzile ke
loo nto nolungelwa nande kakhulu kwelo lizwe lendyebo eliphuphuma ubisi
nobusi, elo nilinikwa ngokwesithembiso sikaNdikhoyo uThixo wooyihlo.

4“Hoyina, Sirayeli! UNdikhoyo nguThixo wethu, uNdikhoyo yedwa qwaba!

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5Ngoko ke mthande uNdikhoyo uThixo wakho ngomxhelo wakho wonke, nangomoya wakho wonke, ngokunjalo nangamandla akho onke.

6Le miyalelo ndikunika yona namhlanje mayilawule bonke ubomi bakho.

7Uze uyibethelele ekufundiseni abantwana bakho, uthethe ngayo xa usekhaya, kanti noba useluhambeni, naxa ulalayo, ngokunjalo naxa uvukayo.

8Uze uyiqhinele ibe ngumqondiso esandleni sakho, ngokunjalo nasebunzi, khon' ukuze ihlale isisikhumbuzo.

9Uze uyikrole emigubasini, ngokunjalo nasemasangweni akho."

Ingozi yokungeva

10"Ngokwesifungo sakhe kookhokho benu, uAbraham, uIsake,noYakobi, uNdikhoyo uThixo wenu uya kuninika ilizwe elizixeko zihle zikhulu, nangona phofu ungazakhanga ngokwakho.

11Izindlu zakhona ziphuphuma ubuyoko-yoko ongabulalekanga ngabo. Uya kufumana amaqula aselembiwe, ngokunjalo nezidiliya nezinquma esezityaliwe. Xa sowusitya uhlutha

12uze ulumke hleze umlibale uNdikhoyo owakukhulula ulikhoboka kwelaseJiputa.

13"Uze umhlonele uNdikhoyo uThixo wakho, ukhonze yena yedwa,izifungo zakho uzenze ngegama lakhe.

14Ungaze ulandele thixo wumbi, nditsho nowezo zizwe zikuphahlileyo,

15hleze umsindo kaNdikhoyo uvuthe, anitshabalalise ningabikho kulo mhlaba. Kaloku uNdikhoyo uThixo wakho ohlala phakathi kwenu nguThixo onekhwele.

16"UNdikhoyo uThixo wenu ze ningamlingi njengoko nênzayo eMasa.

17Iziyalo nezicwangciso ngokunjalo nemimiselo eniyinikwe nguNdikhoyo uThixo wenu ze niyithobele ngenyameko.

© 1996 Bible Society of South Africa.

18Kuphela ze nenze ezo zinto athi uNdikhoyo zintle zilungile, khon' ukuze nilungelwe. Xa nisenjenjalo ke noba nako ukulizuza elo lizwe lihle kunene lathenjiswa nguNdikhoyo kookhokho benu ngesifungo.

19Noba nako ukuzigxotha iintshaba zenu ngokwelizwi lakhe.

20“Kaloku kumaxesha ezayo unyana wakho uya kukubuza athi: ‘Kwakutheni ukuze uNdikhoyo uThixo wethu akunike ezi zicwangciso nale mimiselo, nale migaqo nje?’ Ke wena uze umxelele uthi:

21‘Kaloku sasingamakhoboka ekumkani yaseJiputa, waza ke uNdikhoyo wasikhulula ngamandla akhe amakhulu.

22Ewe, sayibona ngamehlo imiqondiso nemimangaliso erhwaqelisayo awayenzayo uNdikhoyo kumaJiputa, ngokunjalo nakukumkani nendlu yakhe.

23Wasikhulula kwelaseJiputa, ukuze asibeke apha kweli lizwe awayebathembise ngalo oobawo-mkhulu ngesifungo.

24Ngokwenjenjalo ke uNdikhoyo uThixo wethu wasiyalela ukuba siyithobele le mimiselo simhlonele, size ke silungelwe bonke ubomi bethu, siphile njengokuba kunjalo namhlanje.

25Xa sithe sayithobela yonke imiyalelo, siya kumkholisa uNdikhoyo uThixo wethu.’ ”

Uhlaziyo-Mnqophiso 7

Imilowo yakwaThixo
(Mfud 34:11-16)

1“ UNdikhoyo uThixo wenu uza kuningenisa kwelo lizwe niya kuma kulo. Uza kugxotha izizwe ezininzi kulo; ewe, yoba sisixhenxe sonke sezizwe ezikhulu nezinamandla kunani. Nazi ke: amaHeti, amaGirgashi, ama-Amori, amaKanana, amaPerezi, amaHivi, namaJebhusi.

2Ke akuba uNdikhoyo uThixo wenu ezinikele kuni ezi zizwe nazoyisa, kufuneka nizitshabalalise ziphele nya. Ningaze nenze mvumelwano kunye nazo, futhi ze ningabi nanceba tu kuzo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Ningaze nendiselane nazo,

4kuba ningáthi niyenzile loo nto zibawexule bamlahle uNdikhoyo abantwana benu, banqule thixo bambi. Ingáthi ikhe yenzeka loo nto uNdikhoyo acaphuke anitshabalalise ngoko nangoko.

5Ngoko ke ze nenjenje kuzo: wadilizeni amaqonga azo, iintsika zazo zamatye niziqhekeze zibe ziingceba, ke yona imifanekiso yesithixokazi sazo uAshera ze niyinqunqe, ukanti imifanekiso yazo eqingqiweyo noyitshisa ngomlilo.

6Le nto ke noyenza kuba kaloku nina niyimilowo kaNdikhoyo uThixo wenu. Kaloku kuzo zonke izizwe zehlabathi uNdikhoyo uThixo wenu uninyulele ukuze nibe ngabantu abalibango lakhe elilodwa.

7“Ke kaloku uNdikhoyo akathanga nca nani waninyula kuba nibaninzi kunezinye izizwe; hayi, kaloku nanisesona sizwe sincinci ehlabathini liphela.

8UNdikhoyo uninyule kuba enithanda, efuna ukusigcina isifungo awasenzela ooyihlo-mkhulu. Kwakungenxa yeso sizathu ukuze anihlangule ngamandla akhe amakhulu, anikhulule ebukhobokeni phantsi kokumkani waseJiputa.

9Khumbulani kaloku ukuba uNdikhoyo uThixo wenu lo nguThixo ekukuphela kwakhe, kungekho wumbi ngaphaya; futhi ke uthembekile. Uyawugcina umnqophiso wakhe, futhi izibele zakhe ziphuphumela kwâbo bamthandayo beyigcina imiyalelo yakhe kuse kumawaka ezizukulwana.

10Kambe uya kuziphindezela ngqo kwabo bamthiyileyo, abatshabalalise; ewe, akayi kulibazisa ukuziphindezela.

11Ngoko ke wuthobeleni ngenyameko lo myalelo nale mimiselo ngokunjalo nale migaqo ndininike yona namhlanje ukuba niyenze.”

Uyolo lwentobeko
(Hlaz 28:1-14)

12“Ukuba nithe nayiphulaphula nayithobela le migaqo, uNdikhoyo uThixo wenu uya kuthi rhoqo ukuwugcina umnqophiso wakhe nani, zithi ke nezibele zakhe ziphuphumele kuni ngokwesifungo sakhe kooyihlo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

13Uthando lwakhe uya kulubonakalisa kuni, anithamsanqele kangangokuba niqhame nande. Intsikelelo yakhe yofikelela kuni, nizale abantwana, nasemasimini enu nivune ukudla okwaneleyo: okuziinkozo, iwayini, neoyile. Kanti ke neenkomo zenu uya kuzandisa, nditsho nempahla yenu emfutshane ngokunjalo. Yonke ke le nto uya kunenzele kwelo lizwe wanithembisa ngalo kooyihlo-mkhulu ngesifungo.

14Ehlabathini liphela akuyi kubakho sizwe sithamsanqeleke njengani. Phakathi kwenu soze abekho umntu ngokunjalo nemfuyo engazaliyo.

15UNdikhoyo uya kunikhusela kuzo zonke izifo; soze aniyekele ngezifo ezifana nezo zoyikekayo zaseJiputa, kambe ke zona iintshaba zenu uya kuzibetha ngezi zifo.

16Ze nizitshabalalise zonke izizwe azinikele kuni uNdikhoyo uThixo wenu, ningazenzeli nceba konke-konke. Ze ningazikhonzi izithixo zazo, kuba ngokwenjenjalo noba nizenzela umgibe.

17“Nisenokuthi ekucingeni kwenu: ‘Ezi zizwe zikhulu kunathi; soze sizoyise.’

18Kambe ze ningaxhalabi, koko khumbulani into awayenzayo uNdikhoyo uThixo wenu kukumkani waseJiputa nakwiJiputa iphela,

19nditsho ezo zibetho zirhwaqelisayo nazibonayo ngawenu amehlo: loo miqondiso, naloo mimangaliso, ngokunjalo nobungangamsha namandla awanikhulula ngawo uNdikhoyo uThixo wenu. Uya kwenjenjalo ke nakwezi zizwe nizoyikayo.

20Ewe, abo baseleyo kuzo uNdikhoyo uThixo wenu uya kubathumela ngoonomeva, abagubhulule apho bazimeleyo khona, batshabalale.

21Ngoko ke sanukunkwantya ngenxa yaba bantu, kuba uNdikhoyo uThixo wenu unani, abe ke yena unguThixo omkhulu orhwaqelisayo.

22Ekungeneni kwenu uNdikhoyo uThixo wenu uya kuzigxotha ngokuzigxotha ezi zizwe. Aniyi kusuka nizitshabalalise ngaxesha-nye, kuba ngaloo ndlela angasuka ande amarhamncwa, ke nina nibe semngciphekweni.

© 1996 Bible Society of South Africa.

23UNdikhoyo uya kuzinikela ezandleni zenu iintshaba zenu, azenze zibe namanwele, zidideke, zitshabalale ziphele.

24Izikumkani zazo uya kuzinikela ezandleni zenu; ke nina niya kuzitshabalalisa zingabi sakhunjulwa. Akukho mntu uya kuba nako ukumelana nani, naye ke niya kutshabalalisa nivuthulule konke nje.

25Imifanekiso eqingqiweyo yezithixo zabo ze niyitshise. Igolide nesiliva eyenziwe ngayo loo mifanekiso ze ningayibaweli niyithathe, hleze nizenzele umgibe ngayo; kaloku yona ilisikizi kuNdikhoyo uThixo wenu.

26Le mifanekiso ze ningayingenisi emizini yenu, hleze nithi ngokwenjenjalo nizithathele ishwangusha kwanjengokuba nayo iqalekisiwe. Kufuneka niyithiye niyenyanye imifanekiso, kuba kaloku imelwe kukutshatyalaliswa."

Uhlaziyo-Mnqophiso 8

Ilizwe elihle

1"Niyabona ke, le miyalelo ndininike yona namhlanje ze niyithobele kangangoko, khon' ukuze niphile nande, ningene kwelo lizwe wabathembisa ngalo ngesifungo uNdikhoyo ooyihlo.

2Ngamana aningeyilibali indlela anikhokele ngayo uNdikhoyo uThixo wenu kolu hambo lude kangaka ukucanda intlango, kula mashumi mane eminyaka, enifundisa intobeko, enilinga khon' ukuze aqonde ukuba niza kuyithobela kusini na imiyalelo yakhe!

3Wanithoba eniyekela ngendlela, waza kananjalo wanipha imana, kutya oko naningakwazi, nina ngokunjalo nooyihlo-mkhulu. Le nto ke wayenza kuba efuna niqonde nazi ukuba ubomi bomntu abuxhomekanga kutyeni kuphela, koko buxhomekeke kuwo onke amazwi kaNdikhoyo.

4Kula mashumi mane eminyaka impahla yakho yokunxiba zange iguge, kananjalo neenyawo zakho zange zidumbe.

5"Qondani kaloku nizikise ukuba uNdikhoyo uThixo wenu uyaniqeqesha njengomzali eqeqesha abantwana bakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6Ngoko ke yithobeleni imiyalelo kaNdikhoyo uThixo wenu, nihambe ngeendlela zakhe, nimhlonele.

7Kaloku ngoku uNdikhoyo uThixo wenu uningenisa kwilizwe elihle kunene, ilizwe lemifula ebaleka amanzi, ilizwe elinemithombo, ilizwe eligqabhuka imisinga yamanzi ezintlanjeni nasezindulini.

8Lilizwe lengqolowa, irhasi, iidiliya, amakhiwane, iirharnati, amafutha omnquma, nobusi.

9Elo ke lilizwe lentlutha; soze niswele nto khona. Ilitye lakhona liyintsimbi, ukanti kwiinduli zalo ningavula imigodi yekopolo.

10Kwelo lizwe niya kutya nihluthe, nibulele nidomboze kuNdikhoyo uThixo wenu ngenxa yelo lizwe lihle kunene aniphe lona.”

Isilumkiso

11“Niyabona ke ze ningamlibali uNdikhoyo uThixo wenu ngokuthi ningayithobeli le miyalelo, nale migaqo, ngokunjalo nale mimiselo ndininika yona namhlanje.

12Xa senixhamla intlala-kahle, ninayo yonke into eniyifunayo, senizakhele izindlu ezintle,

13nemfuyo yenu isanda ngokunjalo nesiliva negolide nako konke eninako kuvumile,

14ze ningakhukhumali, nimlibale uNdikhoyo uThixo wenu owanihlangula ebukhobokeni kwelaseJiputa.

15Kaloku yena wanikhokela kweso sithabazi sentlango eyoyikekayo, apho kwakukho iinyoka ezinobuhlungu ndawonye noonomadudwane. Apho kanye kuloo nkangala ingenamanzi wanivelisela amanzi eliweni lenyengane.

16Kaloku apho entlango wanondla ngemana, ukutya okwakungaziwa, kungazange kutyiwe nangooyihlo-mkhulu. Wanithoba ngokunilinga ngezo meko zinjalo, khon' ukuze ekugqibeleni anithamsanqele ngezinto ezintle!

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Nisenokuthetha nithi: ‘Obu butyebi sibufumene ngamandla nangobuchule bethu.’

18Ngokutsho noba nilibele ukuba nguNdikhoyo uThixo wenu onithe jize ngobutyebi. Le nto ke uyenza kuba ezinzisa umnqophiso awawenzayo nooyihlo-mkhulu ngesifungo.

19“Mhlenikwezeni namlibala uNdikhoyo uThixo wenu, nalandela thixo bambi, nabahlonela nabakhonza, inene namhlanje mna ndiyalingqinela elithi niya kutshabalala niphele tu!

20Ke kaloku, ukuba animthobelanga uNdikhoyo, uya kunitshabalalisa, kwanjengokuba eza kuzitshabalalisa ezo zizwe ukungena kwenu kwelo lizwe.”

Uhlaziyo-Mnqophiso 9

Iinkani zamaSirayeli

1“Niyabona ke, maSirayeli, seniza kuwela iJordan, ningene kwilizwe elimiwe zezinye izizwe ezikhulu nezomeleleyo kunani. Izixeko zazo zikhulu, futhi zibiyelwe ngeendonga ezirhec' izulu.

2Nabantu bakhona bade, bomelele, bayinzala ka-Anaki, ibe ke niyazi ukuba kuthiwa akukho mntu unokumelana nama-Anaki.

3Kambe ke nina niza kuzibonela ngokwenu, kuba uNdikhoyo uThixo wenu uza kunandulela engumlilo odangazelayo. Ezo zizwe úya kuzoyisa azithobe, nize nina nizigxothe nizitshabalalise ngokukhawuleza ngokwesithembiso sakhe.

4“Xa uNdikhoyo uThixo wenu selenigxothele ezi zizwe, ze ningacingi ukuba nifanelekile. Hayi, akunjalo, nto nje uNdikhoyo ezigxotha nje ezi zizwe kungenxa yenkohlakalo yazo.

5Isizathu asikuba nina nilungile, nigqibelele, le nto uNdikhoyo anivumeleyo nawuthatha umhlaba yazo, nangenxa yokuba ezimisele ukusigcina

© 1996 Bible Society of South Africa.

isithembiso awayesenze nooyihlo-mkhulu ooAbraham, uIsake, noYakobi, ngokufunga.

6Ngenene mayicace mhlophe into yokuba uNdikhoyo uThixo wenu eninika eli lizwe lihle kangaka nje akukho ngenxa yobulungisa benu, kuba kambe nina nisisizwe esineenkani.

7“Nokhumbula kaloku ukuba nina namcaphukisa uNdikhoyo uThixo wenu entlango. Ukusukela kwimini enemka ngayo eJiputa nada naza kufika apha, namvukela okokoko.

8Nakwintaba iHorebhe namcaphukisa, wada waphantse wanitshabalalisa uNdikhoyo.

9Ndenyuka entabeni, ndisiya kuphuthuma amacwecwe amatye apho wawubhalwe khona umnqophiso awenze nani uNdikhoyo. Ndahlala apho ke amashumi amane eentsuku nobusuku bazo, ndingatyi ndingaseli.

10UNdikhoyo ke wandinika amacwecwe amabini amatye apho wayeyibhale khona ngesakhe isandla yonke into awayithethayo apho entabeni ngokuya wayeselangatyeni lomlilo, mhla ngembizo.

11Ewe, emveni kwezo ntsuku zimashumi mane nobusuku bazo, uNdikhoyo wandinika amacwecwe amabini amatye apho wayewubhale khona umnqophiso.

12“Ke kaloku uNdikhoyo wathi: ‘Khawuleza uhle, kuba abantu bakho owabakhokela uphuma nabo eJiputa bonile. Ngokukhawuleza nje sebephumile endleleni endabayalela yona; ngoku bazenzele umfanekiso otyhidiweyo.’

13“UNdikhoyo wathi: ‘Ndiyabazi aba bantu ukuba neenkani kwabo.

14Ngoko ke ndiyeke ndibatshabalalise nya, ndilicime igama labo ehlabathini. Ke wena ndiya kukwenza ube sisizwe esikhulu nesomeleleyo kunabo.’

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15“Ngoko ke ndehla apho entabeni, ndiphethe loo macwecwe mabini amatye
apho wawubhalwe khona umnqophiso. Ke kaloku intaba leyo yayidangazela
umlilo.

16Ndathi ndakukhangela ndabona ukuba nimvukele uNdikhoyo uThixo wenu;
nonile nazityhidela umfanekiso wenkunzi yenkomo; ewe, ngokukhawuleza
nje seniphumile endleleni enaniyalelwe yona nguNdikhoyo.

17Ngoko ke ndawathatha loo macwecwe, ndawaphosa phantsi apho phambi
kwenu, ophuka aba ziingceba.

18“Kwakhona ke ndazikhahlela phantsi phambi koNdikhoyo amashumi amane
eentsuku nobusuku bazo, ndingatyi ndingaseli. Le nto ke ndayenza kuba nina
nanimonile kakhulu namcaphukisa ngobubi enabenzayo uNdikhoyo.

19Ndandisoyika gqitha, kuba uNdikhoyo wayekhathazekile, ecaphuka
kangangokuba waphantse wanitshabalalisa. Kambe ke nangeso isihlandlo
uNdikhoyo wandiphulaphula.

20UNdikhoyo wayecatshukiswe kakhulu nanguAron, yaye ke naye wayeseza
kumtshabalalisa, koko ke naye ndamthandazela kwangelo thuba.

21Lona ke elo sikizi nanizenzele lona – nditsho loo nkunzi yenkomo
nanizityhidele yona – ndayithatha ndayiphosa emlilweni. Ndaza ke kamva
ndayikroboza ndayicola yangumgubo, ndaza ndawugalela kumlanjana
owawuphuma apho entabeni.

22“Kaloku naseTabhera, eMasa, naseKibroti-hatavanamcaphukisa uNdikhoyo
uThixo wenu.

23NaseKadeshe-bhaneya wathi akuniyalela ukuba ningene niwuthathe loo
mhlaba wayenipha wona namvukela, anakholosa ngaye nimthobele.

24Okoko ndanaziyo mna nasoloko nivukelana naye uNdikhoyo.

25Ewe, kuloo mashumi mane eentsuku ndahlala ndizikhahlele phantsi phambi
koNdikhoyo, kuba ndandisazi ukuba seletshilo ukuthi uza kunitshabalalisa.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

26Ndadanduluka ndathi: ‘Awu, Ndikhoyo, Nkosi yam! Ndiyakubongoza, musa ukubatshabalalisa abantu abalibango lakho, owabahlangula wabakhulula ngamandla obungangamsha bakho kwelaseJiputa.

27Khawukhumbule izicaka zakho, ooAbraham, uIsake, noYakobi, ungabasi so aba bantu baneenkani, bazizikhohlakali ezigwenxa,

28okanye amaJiputa osuka athi: “UNdikhoyo wayengenako ukubathatha abantu bakhe abase kwelo lizwe wayebathembise ngalo. Kungenxa yokuba ebathiyile ukuze emke nabo aye kubaphosa entlango, khon' ukuze ababulale khona.”

29Andithi na kaloku, Nikhoyo, aba ngabantu abalibango lakho, abantu bakho ncakasana, owabakhulula ngamandla obungangamsha bakho kwelaseJiputa?’ ”

Uhlaziyo-Mnqophiso 10

Umnqophiso uyahlaziywa

(Mfud 34:1-10)

1“Ngelo thuba ke uNdikhoyo wandiyalela wathi: ‘Qingqa amanye amacwecwe amabini amatye, afane nalawa okuqala, uwenzele ityesi ngomthi. Nyuka intaba, uze kum,

2ukuze apho kuloo macwecwe ndibhale laa nto ndandiyibhale kulawa wawaphulayo, uze ke uwafake apho etyesini.’

3“Ke kaloku ndayenza ityesi leyo ngomngampunzi, ndaza ndaqingqa namanye amacwecwe amabini amatye afana nalawa okuqala, ndenyuka nawo apho entabeni.

4UNdikhoyo wabhala ke apho kuloo macwecwe kwalaa mazwi wayewabhale kulawa okuqala, imithetho elishumi leya wayenixelele yona ngokuya wayeselangatyeni lomlilo, mhla ngembizo entabeni. UNdikhoyo ke wawabuyisela kum amacwecwe lawo,

5ndaza ke ndehla nawo apho entabeni. Ngokomlomo kaNdikhoyo ke ndawafaka kulaa tyesi ndandiyenzile. Aselapho ke unanamhla.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6“AmaSirayeli ke anduluka apho kuloo maqula amaYakana, ajonga eMosera.
UAron wafela apho ke, waza wangcwatywa, yona indawo yakhe
yobubingeleli yathathwa ngunyana wakhe uElazare.

7Ukuphuma kwawo ke apho aya kugaleleka eGudegoda, aza agqithela
eYotebhata, umhlaba owawunemisinga yamanzi.

8Ngelo xesha ke uNdikhoyo wabahlulela abaLevi umsebenzi wokulondoloza
ityesi yomnqophiso, baququzelele esibingelelweni sikaNdikoyo,
bathamsanqele egameni lakhe. Yimisebenzi leyo basayenzayo unangoku.

9Kungenxa yeso sizathu ke indlu kaLevi ingazange inikwe mhlaba ulilifa nje,
njengezinye izindlu; ilifa layo yinkonzo kaNdikhoyo ngokwesithembiso
sikaNdikhoyo uThixo wenu.

10“Nangesi ke isihlandlo, kwanjengesiya sokuqala, ndahlala apho entabeni
amashumi amane eentsuku nobusuku bazo. Kwakhona ke uNdikhoyo
wandiva kuba kwakungeyontando yakhe ukunitshabalalisa.

11Wathi ke kum uNdikhoyo: ‘Phakama uye kubakhokela abantu, khon' ukuze
bangene balithathe elo lizwe ndibathembise ngalo ooyihlo ngesifungo.’ ”

UNdikhoyo makahlonelwe

12“Phulaphulani ke, maSirayeli, ingaba yintoni afuna niyenze uNdikhoyo
uThixo wenu? Ufuna nimhlonele, ningaphambuki endleleni yakhe. Ufuna
nimthande, nimkhonze ngengqondo yenu yonke nangomoya wenu wonke,

13nithobele imiyalelo nemimiselo yakhe, le ndininika yona namhlanje ukuze
kulunge kuni.

14Kaloku amazulu, nditsho amazulu awo amazulu, ngakaNdikhoyo uThixo
wenu, nehlabathi lelakhe, ngokunjalo nako konke okukulo.

15Kambe ke uNdikhoyo ooyihlo wabathanda, wathi nca kubo, wanyula nina
sizukulwana sabo kuzo zonke iintlanga, njengoko kusenjalo unanamhla.

16Ngoko ke mthobeleni ngomxhelo uNdikhoyo, nahlukane neenkani.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Kaloku uNdikhoyo uThixo wenu nguThixo woothixo, iNkosi yeenkosi; nguThixo oyingangamsha; uyingangalala ehloniphekileyo engakhethi cala, ibe ke akanyobeki.

18Yena uyazikhusela iinkedama ndawonye nabahlolokazi. Nabangeneleli uyabathanda, ababonelele ngokutya nangempahla yokunxiba.

19Ngoko ke nani bathandeni abangeneleli, kuba nani nanikhe nangabasemzini kwelaseJiputa.

20Mhloneleni uNdikhoyo uThixo wenu, nimkhonze, nibambelele kuye, nifunge ngegama lakhe.

21Uyimbangi yokudumisa kwenu, unguThixo wenu; ibe ke nizibonele ngawenu amehlo izinto ezinkulu nezimangalisayo anenzela zona.

22Ukuya kwabo eJiputa ooyihlo-mkhulu babengamashumi asixhenxe kuphela. Kodwa ke ngoku uNdikhoyo uThixo wenu unandisile natsho nayinyambalala enjengeenkwenkwezi esibhakabhakeni. ”

Uhlaziyo-Mnqophiso 11

Ubungangamsha bukaNdikhoyo

1“Ngoko ke uze umthande uNdikhoyo uThixo wakho, ugcine isigxina sakhe, nemimiselo yakhe, nemigaqo nemiyalelo yakhe, nanini nanini.

2Khumbula kaloku ukuba yayingengabo abantwana benu abângcamla amava engqeqesho kaNdikhoyo uThixo wenu, nditsho ubukhulu bakhe, namandla akhe, nobungangamsha bakhe,

3nemiqondiso yakhe. Uzibonele ngokwakho izinto azenzileyo kukumkani wamaJiputa nelizwe lakhe liphela.

4Andithi na kaloku uyibonile indlela awuvuthulule ngayo umkhosi wamaJiputa ndawonye neenqwelo zawo zamahashe, xa wawunisukelisa, waza yena wawukhukulisa kuLwandle oluBomvu, nto leyo eyabatshabalalisa nya.

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Ngokunjalo yaziwa nini indlela anilondoloze ngayo entlango nada naza kufika kule ndawo.

6Nisazikhumbula izigigaba azenzileyo kuDatan noAbhiram oonyana bakaEliyabhi wendlu kaRubhen. Kaloku umhlaba wakhamisa wabaginya behleli, ndawonye neentsapho zabo, iintente zabo, nemfuyo yabo; yonke ke loo nto isenzeka amaSirayeli onke ekhangele.

7Ewe, ngenene nazibonela ngawenu amehlo zonke ezi zigigaba azenzileyo uNdikhoyo.”

Uyolo lwezwe ledinga

8“Ze niyithobele yonke imiyalelo endininike yona namhlanje. Xa niyenzile loo nto noba nawo amandla, niwele iJordan, ningene nilithathe elo lizwe niya kulo, libe lelenu.

9Niya kuzinza kwelo lizwe lendyebo wayebathembise ngalo ngesifungo uNdikhoyo ooyihlo-mkhulu ndawonye nenzala yabo.

10Kaloku eli lizwe niza kuma kulo alifani nelaseJiputa apho nivela khona. Kaloku apho nanihlwayela imbewu, nisebenza nzima ninkcenkceshela oku komntu onesitiya;

11kambe ke lona eli lizwe niza kungena kulo ngumhlaba weentaba neentili, ilizwe lemvula.

12Kaloku uNdikhoyo uThixo wenu eli lizwe ulikhathalele; ewe, uhlala elalusile unyaka wonke.

13“Ngoko ke yithobeleni le miyalelo ndininika yona namhlanje, nimthande uNdikhoyo uThixo wenu, nimkhonze ngengqondo yenu yonke nangomoya wenu wonke.

14Xa nisenjenjalo ke uNdikhoyo uthi: ‘Ndiya kuyinisa imvula ngamaxesha ayo – entlako-hlaza nasekwindla – khon' ukuze nivune ukudla okuziinkozo, iwayini, namafutha omnquma;

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15ize nengca ibe ninzi, zihluthe iinkomo zenu; ngaloo ndlela ke nixhamle intlutha.’

16“Kambe ke lumkani, hleze niwexuleke, ninqule thixo bambi.

17Xa ninokuyenza ke loo nto, uNdikhoyo angakhathazeka gqitha, atsho awavale amazulu, ingani imvula, nomhlaba ungavelisi nto, ke nina nikhawuleze nitshabalale kanye apho kwelo lizwe lihle kunene aninike lona uNdikhoyo.

18“Ngoko ke la mazwi ndininike wona ze niwalondoloze abe sezingqondweni zenu nasemoyeni wenu. Ze niwaqhinele ezandleni abe ngumqondiso, ngokunjalo nasebunzi, khon' ukuze ahlale esisikhumbuzo.

19Ze niwafundise abantwana benu, nincokole ngawo xa nihleli ekhaya, ngokunjalo naxa niseluhambeni; nditsho xa nilalayo naxa nivukayo.

20Ze niwakrole emgubasini wezindlu, ngokunjalo nasemasangweni enu.

21Xa niyenzile ke loo nto, nozinza, nina nenzala yenu, kwelo lizwe wayebathembise ngalo oyihlo-mkhulu ngesifungo uNdikhoyo uThixo wenu. Ewe, niya kuma kulo nanini nanini sisekho nje isibhakabhaka phezu kwehlabathi.

22“Le miyalelo ndininike yona ze niyithobele ngenyameko; ze nimthande uNdikhoyo uThixo wenu, nibambelele kuye, nihambe ngendlela yakhe.

23Ke yena ekungeneni kwenu uya kuzidudula azigxothe zonke ezo zizwe, nize ke nina nohluthe umhlaba wezizwe ezikhulu nezomeleleyo kunani.

24Uya kuba ngowenu wonke umhlaba enithe nanyathela kuwo. Imida yenu iya kusuka ezantsi entlango ityhutyhumeze iyokutsho kwiintaba zeLebhanon ngasentla; empuma iya kuthatha kumlambo iEfrati iyokuthi xhaxhe ngolwandle ngasentshonalanga.

25Akukho bani uya kuba nako ukumelana nani. Naphi na apho nihamba khona kwelo lizwe, uNdikhoyo uThixo wenu uya kubarhwaqelisa banoyike abantu bakhona ngokwesithembiso sakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

26“Niyabona ke, ndithi khethani, kuba namhlanje ndibeka phambi kwenu
ithamsanqa nesiqalekiso.
27Yoba lithamsanqa ukuba niyayithobela le miyalelo kaNdikhoyo uThixo
wenu ndininika yona namhlanje,
28kambe ke yoba sisiqalekiso ukuba nithe anayithobela, koko natyekela
bucala nanqula thixo bambi eningazange nabanqula ngaphambili.
29Akuba enifikisile uNdikhoyo uThixo wenu kweli lizwe niya kuma kulo, ze
nithamsanqele phezu kwentaba iGerizim kanti ke niqalekise phezu kwentaba
iEbhali.
30Ezi ntaba zimbini zisentshona kumlambo iJordan, kummandla
wamaKanana ame kwintili yeJordan. Zingasentshona kude kufuphi nemioki
yaseMore ngaseGiligali.
31Sekumbomvu niyiwele iJordan, ningene kwelo lizwe aninika lona
uNdikhoyo uThixo wenu. Nakuba ningenile nema kulo ke,
32ze nincede niyithobele ngenyameko le mimiselo nale migaqo ndininike
yona namhlanje.”

Uhlaziyo-Mnqophiso 12

Indawo yokunqula

1“Nantsi imimiselo nemigaqo ekofuneka niyithobele ngalo lonke ixesha
lokudla kwenu ubomi kwelo lizwe niliphiwa nguNdikhoyo uThixo wooyihlo-
mkhulu.
2Ze nizitshabalalise ziphele tu ezo ndawo zinqulela kuzo oothixo bazo ezaa
zizwe zalaa mhlaba niya kuwohlutha; nditsho ezisezintabeni eziphakamileyo,
nezisezindulini, neziphantsi kwemithi eyokozelayo.
3Amaqonga azo ze niwadilize; ke zona iintsika zazo zamatye ze niziqhekeze
zibe ziingceba. Imifanekiso yazo eqingqiweyo ka-Ashera isithixokazi sazo ze
niyitshise; ngokunjalo neminye imifanekiso yazo eqingqiweyo ze niyinqunqe
niyitshabalalise, acinywe amagama azo kwezo ndawo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4“Nina ke uNdikhoyo uThixo wenu ze ningamkhonzi ngale ndlela zinqula ngayo ezo zizwe.

5Kumhlaba wenu uphela uNdikhoyo uya kukhetha indawo ibe nye qha apho liya kuzinza khona igama lakhe, ahlale khona, zize zithi ke zonke izindlu zenu zibuzise kuye khona.

6Apho ke niya kuwenzela khona amadini enu atshiswayo ndawonye nawaphi na amadini angamanye, nezishumi, iminikelo, nezipho enibhambathisa ngazo, ngokunjalo namazibulo eenkomo naweegusha.

7Apha phambi koNdikhoyo uThixo wenu onithamsanqelisayo nina neentsapho zenu niya kuxhamla ubuncwane bezinto enibulaleke ngazo.

8“Ngelo xesha ke ze ningenzi njengoko niqhele ukwenza ngako. Ukuza kuthi gaa ngoku benisenza okulungileyo emehlweni enu,

9kuba kaloku beningekangeni kwelo lizwe niliphiwa nguNdikhoyo uThixo wenu, apho niya kuphumla ngokonwaba khona.

10Nakuthi nakuyiwela iJordan, uNdikhoyo anivumele ningene kwelo lizwe, nime kulo. Uya kunigcina nikhuselekile ezintshabeni, nihlale ngenzolo.

11UNdikhoyo uThixo wenu uya kunyula indawo ibe nye apho liya kuzinza khona igama lakhe, ahlale khona. Zonke ke izinto endiniyalele ngazo nozisa khona: amadini atshiswayo namanye angawambi, izishumi neminikelo yemveliso yenu, ngokunjalo nezipho ezizodwa enibhambathisa ngazo kuNdikhoyo.

12Ze nonwabe ke apho phambi kwakhe ndawonye neentsapho nezicaka zenu kunye nabaLevi enihlala nabo, kuba kaloku bona ababelwanga mhlaba ungowabo njengani.

13Amadini atshiswayo akufuneki niwenzele naphi na apho nithanda khona,

14koko kufuneka niwenzele kuloo ndawo ayinyulileyo uNdikhoyo kumhlaba wenye yezindlu zenu. Amadini enu atshiswayo nowenzela kuloo ndawo kuphela, ngokunjalo ke nazo zonke izinto endiniyalele ukuba nizenze.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15“Kambe ke nikhululekile ukuba nixhele kwimfuyo yenu, niyixhelele naphi
na apho nihlala khona. Ningatya kangangoko nithamsanqeliswa
nguNdikhoyo. Xa ninonke abahlambulukileyo nabangahlambulukanga
bangayitya inyama leyo kwanjengokuba nisenza kweyebhadi okanye inxala.

16Ke lona igazi ningaze nilitye, koko lichitheni phantsi oku kwamanzi.

17Into eniyinikela kuNdikhoyo mayingatyelwa apho nihlala khona;
ngokunjalo nezishumi zengqolowa, iwayini entsha, namafutha omnquma,
noba ngamazibulo eenkomo okanye aweegusha, nezipho enibhambathise
ngazo kuNdikhoyo, okanye ezokuqhutywa yintliziyo, kanti ke nawuphi na
umnikelo.

18Le minikelo kufuneka niyityele phambi koNdikhoyo uThixo wenu, kuloo
ndawo ayinyulele ukuzinziswa kwegama lakhe. Yona ke mayityiwe nini
nabantwana, izicaka ngokunjalo nabaLevi enihlala nabo, nikuxhamle
ngokonwaba ukubulaleka kwenu.

19Ke bona abaLevi ningaze nibalahle nanini na xa nisahleli kwelo lizwe.

20“Uya kuthi ke uNdikhoyo uThixo wenu akuwandisa umhlaba wenu
ngokwesithembiso sakhe, nixhele nitye inyama nanini na nifuna.

21Ukuba indawo leyo yonqulo ikude, ningaxhela kwimfuyo yenu, nityele
apho emakhaya ngokuthanda kwenu ngokomyalelo kaNdikhoyo njengoko
ndanichazelayo.

22Nabani na angayitya le nyama, ehlambulukile okanye engahlambulukanga,
kwanjengokuba niyitya inyama yebhadi okanye eyenxala.

23Inyama emaningayityi yenegazi; kaloku ubomi busegazini, ibe ke akufuneki
nitye inyama ndawonye nobomi.

24Ke lona igazi ningaze nilitye, koko lichitheni phantsi oku kwamanzi.

25Ukuba niyazikhwebula ekutyeni igazi uNdikhoyo uya kukholiseka nini,
futhi ke kulunge kuni, ngokunjalo nakwizizukulwana zenu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

26Yonke into eninikela ngayo kuThixo, nezipho enibhambathise ngazo, ziseni
kuloo ndawo uNdikhoyo ayinyulileyo.

27Nowanikela eqongeni likaNdikhoyo uThixo wenu amadini enu atshiswayo,
inyama negazi. Igazi ze nilithulule apho ngaseqongeni, inyama yona niyitye.

28Nyamekani niyithobele le miyalelo ndininika yona, ukuze nilungelwe
ndawonye nezizukulwana zenu, nanini nanini, kuba kaloku noba nisenza
yonke into ngokusesikweni nangendlela emkholisayo uNdikhoyo uThixo
wenu."

Ingozi yokunqula izithixo

29"Niyabona ke, uNdikhoyo uThixo wenu uya kuzitshabalalisa ezi zizwe xa
ningenayo emhlabeni wazo, ke nina ningene nime kuwo.

30Akuba ezitshabalalisile ke uNdikhoyo ezi zizwe, lumkani ningangeni
kumgibe wokubuzisa ngoothixo bazo, nisithi: 'Zibakhonza njani oothixo ezi
zizwe, ukuze nathi senjenjalo?'

31UNdikhoyo uThixo wenu ze ningamnquli ngeendlela ezibanqula ngayo
oothixo bazo, kuba kaloku zona zinqula ngeendlela ezimanyumnyezi
azicaphukelayo uNdikhoyo. Kaloku zona zide zitshise abantwana bazo
emlilweni, zisenzela izithixo zazo amadini.

32"Konke endiniyalela kona kwenzeni ngokwelizwi lam, ningaphambuki
nakancinane ngokusuka nandise okanye niphungule.

Uhlaziyo-Mnqophiso 13

1"Ukuba kuvela umshumayeli okanye umlawuli-maphupha phakathi kwenu,
evakalisa ummangaliso okanye umqondiso oza kubakho,

2ize ke kwenzeke ngokwaloo mmangaliso okanye loo mqondiso, aze athi:
'Masilandele thixo bambi' – thixo abo eningazange nibazi – aqhubele
phambili athi: 'Masibanqule,'

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

3ze ningawathatheli ngqalelo amazwi aloo mshumayeli okanye loo mphuphi.
Kaloku uNdikhoyo uThixo wenu uyanivavanya, khon' ukuze aqonde ukuba
nimthanda ngengondo iphela nangomoya uphela na.

4NguNdikhoyo uThixo wenu emanimlandele, nimhlonele. Mthobeleni,
niyenze imiyalelo yakhe; futhi mkhonzeni, nibambelele kuye.

5Nabani na ongumshumayeli okanye umphuphi oniqhubela ekuvukeleni
uNdikhoyo uThixo wenu mbulaleni. Kaloku uNdikhoyo lo ngulo wanikhupha
eJiputa apho naningamakhoboka khona. Umntu onjalo uzama ukunilukuhla,
khon' ukuze niphulukane nehambo eniyalelwe yona nguNdikhoyo uThixo
wenu. Ubugwenxa mabususwe mpela phakathi kwenu.

6“Nkqu nomntakwenu, noba ngunyana okanye intombi, mhlawumbi umfazi
wakho omthandayo, noba sisihlobo sakho esisenyongweni, singakulukuhla
sikukhuthaze ngasese ngelithi: ‘Masiye kunqula thixo bambi’ – thixo abo
ongabaziyo nabangazange banqulwe nangooyihlo-mkhulu,

7oothixo bezizwe eziningqongileyo okanye abo bezizwe ezisekudeni.

8Kambe ke ungaze umqhelisele nakancinci; ungamphulaphuli. Ungaze ube
nalusini nanceba kuye; ungaze umqume.

9Mbulale nya; mayibe nguwe kanye ophambili, baze ke nabanye bakulandele.

10Ewe, mgibisele ngamatye umbulale, kuba ebezama ukukuqweqwedisa,
khon' ukuze umlahle uNdikhoyo uThixo wakho owakukhulula ulikhoboka
eJiputa.

11Aya kuthi ke akuyiva loo nto, atsho onke amaSirayeli oyike, kungaze
kubekho mntu phakathi kwenu ulenzayo isikizi elinjalo.

12“Xa senihlala kwezo zixeko aniphe zona uNdikhoyo uThixo wenu,
kungenzeka nive

13ukuba kukho zinkewu zilulahlekisileyo uhlanga apho esixekweni, zisithi:
‘Masiye kunqula abanye oothixo’ – thixo abo eningabaziyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Nakuba niluvile ke umingi-mingi olunjalo, luphandeni ngokucokisekileyo;
nithi ke ukuba luyinyani, kwaye kucace mhlophe ukuba ngenene likho isikizi
elinjalo elenzekileyo,

15ze nibabulale bonke abemi beso sixeko ndawonye nemfuyo yabo. Ewe,
vuthululani konke kutshabalale.

16Ziqokeleleni zonke izinto ezizezâbo bantu, nizifumbe ebaleni lembutho.
Watshiseni onke loo maxhoba ndawonye nesixeko eso, nenzele uNdikhoyo
uThixo wenu umnikelo otshiswayo. Mayisale ilinxuwa nanini nanini, ingaze
iphinde yakhiwe.

17Ningabokuzishiyela nento le kwebezimiselwe ukutshatyalaliswa. Ukuba
niyenzile ke loo nto uNdikhoyo uya kwetha emsindweni wakhe, abe
novelwano ngani. Ngenene wosikwa yinceba, anandise ngokwesithembiso
sesifungo sakhe kooyihlo-mkhulu

18xa nithe nayithobela imiyalelo yakhe endinimisele yona namhlanje,
nakwenza konke akufunayo uNdikhoyo uThixo wenu."

Uhlaziyo-Mnqophiso 14

Mayela nokuzila

1"Nina ningabantwana bakaNdikhoyo uThixo wenu, ngoko ke ze
ningaziqaphuli okanye nibe nendawo eniyichebayo entloko xa nizilela
abangasekhoyo, njengoko zisenza ezinye iintlanga.

2Kaloku nina niyimilowo kaNdikhoyo ncakasana; kuzo zonke izizwe
zehlabathi nina waninyula ukuba nibe libango lakhe. "

Ezityiwayo nezingatyiwayo
(Nqulo 11:1-47)

3"Yonke into athi uNdikhoyo lisikizi ze ningayityi.

4Nazi izinto enivumelekileyo ukuba nizitye: inkomo, igusha, ibhokwe,

5inxala, ibhadi, imbabala, itshabangqa, inqu, neula,

6naso nasiphi na isilwanyana esimpuphu zicandiweyo, futhi sisetyisa.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Isilwanyana emasityiwe sesineempuphu ezicandiweyo, esetyisayo. Yona inkamela, umvundla, nembila, azityiwa. Zona azihlambulukanga, kuba ziyetyisa, kodwa iimpuphu zazo azicandwanga.

8Ngokunjalo nehagu ayityiwa, kuba nayo ayihlambulukanga; kaloku iimpuphu zayo zicandiwe, kodwa ayetyisi. Ezi zilwanyana ke ze ningazityi, futhi nezidumbu zazo ningaze nizichukumise.

9“Zonke iindidi zeentlanzi ezinamaphiko namaxolo ningazitya.

10Kambe ke yonke into ehlala emanzini ingenawo amaphiko namaxolo sanukuyitya, inomlaza.

11“Zonke iintaka ezihlambulukileyo ningazitya.

12-18Kambe ke nazi ezingàtyiwayo: ukhozi, isikhova, ukhetshe, intambanane, untloyiya, ixhalanga, ihlungulu, inciniba, ingabangaba, ukhwalimanzi, udebeza, ingwamza, isihulu-hulu, ubhobhoyi, nelulwane – zonke ezi nezifana nazo.

19Zonke izinambuzane ezibhabhayo ezingahlambulukanga mazingatyiwa.

20Kambe ke ezihlambulukileyo ningazitya.

21“Isilwanyana esifileyo asityiwa. Kambe ke zona iintlanga eziphakathi kwenu zingasitya, okanye ningasithengisa nakubahambi. Ke nina niyimilowo kaNdikhoyo uThixo wenu – abantu bakhe ncakasana. “Ningaze nipheke itakane ngobisi lukanina.”

Izishumi

22“Kufuneka nisibekele bucala isishumi – oko kukuthi isahlulo seshumi kuyo yonke imveliso yakho yamasimi minyaka le.

23Ngoko ke wosithatha isishumi eso, uye naso kulaa ndawo inyulwe nguNdikhoyo uThixo wakho ukuze lizinze khona igama lakhe, usityele khona phambi kwakhe – noba yingqolowa, iwayini entsha, amafutha omnquma, okanye amazibulo enkomo noba ngawegusha. Le nto ke noyenza khon' ukuze nifunde ukuhlala nimhlonela uNdikhoyo uThixo wenu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

24Xa kunokwenzeka ukuba ithi kanti indawo leyo yonqulo ikude gqitha kumakhaya enu, ukuba nibe nako ukuthwala imveliso leyo anithamsanqele ngayo uNdikhoyo uThixo wenu, niye nayo kuyo, ze nenjenje:

25Yithengiseni imveliso leyo, nize nithathe imali leyo, niye nayo apho kwindawo yonqulo.

26Ze nifike nithenge ngayo nokuba yintoni na – ingayinkomo, igusha, iwayini, noba yenye into eselwayo, nantoni na eniyinqwenelayo. Nothi ke apho phambi koNdikhoyo uThixo wenu, nihlale kunye neentsapho zenu, nixhamle ezo zidlo nonwabile.

27“Ningaze nibalahle abaLevi abahlala phakathi kwenu; kaloku bona abanamhlaba.

28Njalo ekupheleni konyaka wesithathu, thathani isishumi semveliso yenu, nisigcine kwezo ndawo nihlala kuzo.

29Esi yoba sisabelo sabaLevi njengoko bengenamhlaba bona, ndawonye nabangeneleli, iinkedama, nabahlolokazi abahlala phakathi kwenu. Kofuneka beze bathathe batye banele. Le nto ke yenzeni khon' ukuze uNdikhoyo uThixo wenu anithamsanqele kuyo yonke into eniyenzayo.”

Uhlaziyo-Mnqophiso 15

Unyaka wesixhenxe

(Nqulo 25:1-7)

1“Njalo ekupheleni konyaka wesixhenxe iya kuba lithuba lokucinywa kwamatyala.

2Le nto ke noyenza ngolu hlobo: Nabani na obeboleke uwabo ulutho kufuneka alicime elo tyala, angabi sayithatha loo nto, kuba lithuba lokucinywa kwamatyala elimiselwe nguNdikhoyo.

3Yona into oyibanjwa yintlanga ungayibiza, kodwa oyibanjwa ngumwenu ungabi sayithatha.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Ke yena uNdikhoyo uThixo wenu uya kunithamsanqela kwelo lizwe aninika lona, kangangokuba kungabikho namnye umntu olihlwempu,

5ukuba ngaba nithe namthobela nazinyamekela ukuzenza zonke izinto endiniyalele zona namhlanje.

6UNdikhoyo uThixo wenu uya kunithamsanqela ngokwesithembiso sakhe. Niya kuba nako ukubolekisa ezizweni, kodwa nina ngokwenu ningaboleki nto mntwini. Niya kuba namagunya phezu kwezizwe, kodwa nina akukho sizwe siya kuba namagunya phezu kwenu.

7“Kwelo lizwe aninika lona uNdikhoyo uThixo wenu, ukuba kuthe kwakho umwenu dolophini ithile osweleyo, uze ungavimbi usifinyeze isandla sakho, wale ukumnceda.

8Ndaweni yaloo nto uze ube nezinwe, umboleke umncede kangangoko eswele.

9Uze ungali ukumboleka into ngenxa yokuba sowukufuphi unyaka wokucinywa kwamatyala. Into enjalo yinkohlakalo; uze ungayivumeli ingene nokungena oku engqondweni yakho. Xa uthe wala ukumnceda, yena uya kubhenela kuNdikhoyo, uze ke wena ube netyala.

10Yiba nezinwe, umphe ungakrokri; ke yena uNdikhoyo uThixo wakho uya kukuthamsanqela kuyo yonke into oyenzayo.

11Baya kusoloko bekhona abahlelelekileyo; ngoko ke ndiyaniyala ukuba ze nibe nezinwe ngakumawenu nakwabahlelelekileyo namahlwempu apho kwelo lizwe lenu.”

Ukuphathwa kwamakhoboka
(Mfud 21:1-11)

12“Xa umwenu umHebhere okanye umHebherekazi ethe wathengiswa kuwe, walikhoboka lakho, aze akusebenzele iminyaka ibe mithandathu, uze umkhulule ngowesixhenxe.

13Ekumkhululeni kwakho ke, uze ungamndululi ungamnikanga nto.

© 1996 Bible Society of South Africa.

14Uze ube nezinwe, umphe kwizinto othamsanqelwe ngazo nguNdikhoyo
uThixo wakho: iigusha, ingqolowa, newayini.

15Khumbula ukuba nawe wawukhe walikhoboka kwelaseJiputa, waza
uNdikhoyo uThixo wakho wakukhulula. Kungoko ndikunika lo myalelo
namhlanje.

16“Kambe ke xa ikhoboka lakho lisithi: ‘Andifuni kukhululeka ndikushiye,’
lisitsho kuba likuthanda, kuba lanelisekile nguwe nekhaya lakho,

17uze ulithathe ulise elucangweni lwendlu yakho, uligqoboze iindlebe
ngenyatyhowa. Ngolo hlobo ke loba likhoboka lakho bonke ubomi balo. Yoba
seso ke nakwikhoboka elibhinqileyo.

18Uze ungakhathazeki xa kufuneka ukhulule ikhoboka lakho; kaloku lona
likusebenzele iminyaka emithandathu ngesiqingatha sexabiso obuya
kulihlawula xa ubuliqeshile. Ukuba wenza ngale ndlela ke uNdikhoyo uThixo
wakho uya kukuthamsanqela kuko konke okwenzayo.”

Amazibulo eenkomo neegusha

19“Onke amazibulo angamaduna eenkomo naweegusha ayinxaxheba
kaNdikhoyo uThixo wakho; ezi nkomo uze ungazisebenzisi, ngokunjalo
neegusha ungazichebi.

20Minyaka le ke uya kuwathatha uye nawo kwindawo anqulelwa kuyo
uNdikhoyo uThixo wakho, ufike uwaxhele uwatyele khona nosapho lwakho.

21Kambe ke xa kukho elinesiphako kula mazibulo, noba liyaqhwalela,
mhlawumbi liyimfama, okanye linaso nasiphi na isiphako, uzungamenzeli
idini ngalo uNdikhoyo uThixo wakho.

22Elinjalo ungalixhela ulityele ekhaya. Xa ninonke, nihlambulukile
ningahlambulukanga, ningalitya kwanjengokuba nisitya inxala okanye
imbabala.

23Kambe ke lona igazi lalo sukulitya, koko lichithe phantsi okwamanzi.”

Uhlaziyo-Mnqophiso 16

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

IPasika
(Mfud 12:1-20)

1“ UNdikhoyo uThixo wakho uze umzimase ngokwenza umbhiyozo
wePasika ngenyanga ka-Abhibhi. Kaloku yena wakukhulula ngabusukwazana
buthile ngayo le nyanga kwelaseJiputa.

2Ngoko ke ngaloo mini uzuye kuloo ndawo yokunqula yalathwe
nguNdikhoyo ukuzinzisa igama lakhe, ufike wenze idini ngegusha okanye
inkomo, usenzela uNdikhoyo uThixo wakho isidlo sePasika.

3Kweli theko ke isonka uzusitye singanyuswanga. Iintsuku ezisixhenxe ke
uzusebenzise isonka esinganyuswanga, kwanjengokuba wênzayo ukumka
kwakho eJiputa buphuthu-phuthu. Yitya eso sonka ke – sona kothiwa sisonka
seenzingo – khon' ukuze ungaze uyilibale nanini na imini owaphuma ngayo
eJiputa.

4Isithuba seentsuku ezisixhenxe ke kofuneka kungabikho namnye apho kwelo
lizwe lakho ugcina igwele endlwini yakhe. Inyama yaloo nto ixhelwe ngolo
rhatya lokuqala ize ityiwe igqitywe kwangobo busuku.

5-6“Izinto ozixhelela eli theko lePasika uzuzixhelele phaya endaweni
eyalathwe nguNdikhoyo, eli theko ungalenzeli kwenye indawo apho kwelo
lizwe ulinikwa nguNdikhoyo uThixo wakho. Idini lePasika uzulenze
ngongcwalazi selitshona ilanga, xesha elo wathi waphuma ngalo eJiputa.

7Inyama leyo ke uzuyojele apho endaweni yonqulo, uyityele khona, nize
nibuyele kwezo ndawo nihlala kuzo.

8Ngezo ntsuku zintandathu zilandelayo ke uzutye isonka esinganyuswanga;
ngolu lwesixhenxe ke kofuneka ungaphathi msebenzi, koko nihlangane
ninqule uNdikhoyo uThixo wenu.”

Umsitho wolibo
(Mfud 34:22; Nqulo 23:15-21)

9“Ukusuka kwixesha oqale ngalo ukuvuna uzubale iiveki zibe sixhenxe,

© 1996 Bible Society of South Africa.

10uze ke wenze umsitho wokubhiyozela ulibo, usenzela uNdikhoyo uThixo wakho. Le nto ke uzuyenze ngokuzisa iminikelo yezinwe zakho ngokobungakanani beentsikelelo akunike zona.

11“Uze wonwabe ube nemihlali phambi koNdikhoyo uThixo wakho: wena, nabantwana bakho, nezicaka, nabaLevi, nabangeneleli, neenkedama, nabahlolokazi eninabo kwelo lizwe lenu. Lo msitho ke mawenzelwe kuloo ndawo yonqulo yalathwe nguNdikhoyo ukuzinzisa igama lakhe.

12Yithobele ngenyameko le mimiselo, ukhumbula ukuba nawe wawukhe walikhoboka kwelaseJiputa.”

Umsitho wamaphempe
(Nqulo 23:33-43)

13“Emva kokuba uyibhulile ingqolowa wayikhama nediliya, uze wenze umsitho wamaphempe iintsuku zibe sixhenxe.

14Ngelo thuba ke yonwaba ube nemihlali, wena, nabantwana bakho, nezicaka, nabaLevi, nabangeneleli, neenkedama, nabahlolokazi abaphakathi kwenu.

15Menzele umsitho uNdikhoyo uThixo wakho ngokubhiyoza iintsuku zibe sixhenxe endaweni yonqulo eyalathwe nguye. Uzuvuye wonwabe, kuba kaloku uNdikhoyo uThixo wakho uwuthamsanqele umsebenzi wakho watsho ngesivuno esincomekayo.

16“Kathathu ngonyaka onke amadoda esi sizwe kufuneka aye kunqula uNdikhoyo uThixo wakho kuloo ndawo yalathwe nguye: ngePasika, ngomsitho wolibo, nangomsitho wamaphempe. Indoda nganye kufuneka ize inento eyiphetheyo

17ngokobungakanani bamathamsanqa ewaphiwe nguNdikhoyo uThixo wakho.”

Ezolawulo

© 1996 Bible Society of South Africa.

18“Kufuneka isizwe ngasinye simiselwe abalamli namanye amagosa kuzo zonke iidolophu zelo lizwe ulinikwa nguNdikhoyo uThixo wakho. La madoda ke kufuneka alawule abantu angakhethi buso.

19Kufuneka angabugqwethi ubulungisa, angabi nagobe xa esenza izigqibo, angazamkeli izicengo, kuba izipho ezihamba nezicengo zimfamekisa namehlo ezilumko, ngokunjalo namadoda anyanisekileyo atsho enze izigqibo ezingafanelekanga.

20Maxa onke kufuneka kulawule ubulungisa bodwa phakathi kwenu, khon' ukuze niphile nilimé elo lizwe nilinikwa nguNdikhoyo uThixo wenu.”

Ukuchaswa kwezithixo

21“Xa usenzela uNdikhoyo uThixo wakho iqonga uze ungemisi mthi umele isithixokazi uAshera ecaleni kwalo.

22Uzungamisi nantsika yalitye, kuba úyichasile loo nto uNdikhoyo uThixo wakho.

Uhlaziyo-Mnqophiso 17

1“Ungaze uNdikhoyo uThixo wakho umenzele idini ngenkomo okanye igusha enesiphako, kuba ilisikizi kuye into enjalo.

2“Xa uthe weva ukuba kwenye yeedolophu zenu kukho indoda okanye umfazi owenza ububi ngokutyeshela umnqophiso kaNdikhoyo uThixo wakho,

3akreqe akhonze thixo bambi, okanye anqule ilanga, inyanga, noba ziinkwenkwezi – zinto ezo zinxamnye nomyalelo kaNdikhoyo –

4ingxelo enjalo uzuyiphande ude ubufumane ubunyani bayo. Ukuba yinyani ukuba ububi obunjalo buhlile kwaSirayeli,

5loo mntu ubenzileyo uzumthathe umkhuphele ngaphandle kwedolophu, umxulube ngamatye ade afe.

6Kambe ke angábulawa kuphela xa kukho abantu ababini nangaphezulu abanobu bungqina ngaye; kanti ke akanakubulawa ngobungqina bomntu omnye kuphela.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Kananjalo abantu abaya kuphosa amatye okuqala ngamangqina lawo, aze ke alandelwe ngabo bonke abanye abantu. Ngaloo ndlela ke woba ubuncothule ububi phakathi kwenu.

8“Xa abalamli besoyiswa ngamatyala athile, nokuba ngawokwenzakalisa, ngaweembambano, okanye awokuhlasela, makaziswe kuloo ndawo yalathwe nguNdikhoyo uThixo wakho.

9Umcimbi lowo uzuwubhekise kubabingeleli babaLevi ngokunjalo nomlamli osesikhundleni ngelo thuba, bawuphicothe bawugwebe umcimbi.

10Bakuba bezivakalisile ke izimvo zabo uzuhambe ngazo, ungaphambuki nakancinane kuzo.

11Uzusamkele ke isigwebo sabo, uhambe ngokwemiqathango abakunike yona, ungaphumi ecaleni.

12Nabani na ongamthobeliyo umlamli okanye umbingeleli omisiweyo makabulawe, ukuze ngaloo ndlela buncothulwe ububi kwaSirayeli.

13Wonke ubani uya kuthi akuyiva loo nto atsho oyike, kungabi sabakho bani ungomnye uphinda enze into enjalo.”

Imimiselo mayela nokumkani

14“Wakuba ungenile wada wazinza kwelo lizwe uliphiwa nguNdikhoyo uThixo wakho, uya kuthi: ‘Nathi masibe nokumkani kwanjengezinye izizwe ezisingqongileyo.’

15Qinisekisa ke ukuba loo ndoda uyikhethela ukuba ibe ngukumkani yileyo inyulwe nguNdikhoyo uThixo wakho. Umntu omawumkhethe ngumntwan' othuthu, ingabi yintlanga.

16Ke ukumkani lowo makangazifuneli mhlambi wamahashe ukomeleza umkhosi wakhe, angaze athumele abantu eJiputa ukuba baye kumthengela amahashe,kuba kaloku uNdikhoyo wayalela wathi: ‘AmaSirayeli makangaze abuyele eJiputa.’

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Ukumkani makangabi nabafazi baninzi, kuba loo nto ingamenza akreqe
kuNdikhoyo; kananjalo makangaziqwebeli butyebi basiliva nagolide.

18“Ukumkani lowo ke akungena esihlalweni sakhe makazenzele incwadi
yomthetho ngokuthatha amazwi aleyo yamandulo igcinwe ngababingeleli
bakwaLevi.

19Le ncwadi ke aze angahlukani nayo. Kubo bonke ubomi bakhe makahlale
eyifunda, khon' ukuze afunde ukumhlonela uNdikhoyo uThixo wakhe,
awathobele amazwi alo mthetho, ayenze imimiselo yawo.

20Le nto ke iya kumnceda, khon' ukuze angazenzi bhetele kunamawabo,
angayityesheli nakancinane imiyalelo kaNdikhoyo. Ngaloo ndlela ke uya
kulawula iminyaka emininzi, ngokunjalo nenzala yakhe iya kulawula
kwaSirayeli izizukulwana ngezizukulwana.”

Uhlaziyo-Mnqophiso 18

Isabelo sababingeleli

1“Indlu kaLevi yona ngababingeleli; ayiyi kuzuza sabelo nalifa njengamanye
amaSirayeli, ndaweni yaloo nto ilifa layo ngamadini atshiswayo anikelwa
kuNdikhoyo.

2AbaLevi abazukunikwa sabelo njengezinye izindlu; kaloku esabo isabelo
nelifa bubudlelwane noNdikhoyo ngokwesithembiso sakhe.

3“Nanini na kusenziwa idini ngenkomo noba yigusha, ababingeleli inxaxheba
yabo ngumkhono, intloko, nolusu.

4Ulibo lwengqolowa, nolwewayini, nolwamafutha omnquma, noloboya, yoba
yinxaxheba yabo.

5KumaSirayeli ephela uNdikhoyo uThixo wakho wanyula uLevi nendlu yakhe
ukuba abuse kwezobubingeleli nanini nanini.

6“Nawuphi na umLevi, noba uhlala phi na apho kwaSirayeli, ukuba uyafuna,
angaya kulaa ndawo yalathwe nguNdikhoyo,

7abuse uNdikhoyo uThixo wakhe njengabo bonke abaLevi abasebenza khona.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Naye ke makafumane inxaxheba ekwangangaleyo izuzwa ngabanye ababingeleli, nangona anenzuzo ayifumene ngokuthengiswa kwempahla yakowabo.”

Isilumkiso ngeentlondi

9“Wakufika ke kwelo lizwe uliphiwa nguNdikhoyo uThixo wakho, uze ungawalinganisi amasiko amanyumnyezi alandelwa zizizwe zakhona.

10Ungaze uthathe unyana wakho okanye intombi yakho wenze ngaye idini elitshiswayo; abantu bakuni mabangaze bavumise, okanye bambulule, mhlawumbi bachile,

11okanye bakhafule, bangayisebenzisi nemilingo, okanye baqhakamshelane nabangasekhoyo.

12Kaloku abantu abenza iintlondi ezinje banezothe kuNdikhoyo uThixo wakho. Ziintlondi ezilolu hlobo ezabangela ukuba azigxothe iintlanga zelaa lizwe ekungeneni kwenu.

13Hlala umsulwa phambi koNdikhoyo uThixo wakho. ”

Umshumayeli ofana noMosis

14“Kwelo lizwe uya kulo abantu obagxotha khona bayavumisa bambulule, kodwa ke wena uNdikhoyo uThixo wakho akafuni uyenze loo nto.

15Ndaweni yaloo nto uNdikhoyo uThixo wakho uya kuvelisa umshumayeli ofana nam lo, ophuma kwakumawenu. Uzuncede ke umthobele.

16“Kaloku mhla nanihlangene kwintaba iHorebhe nandibongoza nisithi: ‘Asisakulangazeleli ukuba uNdikhoyo uThixo wethu athethe nathi yena siqu, asisathandi ukubona umlilo odiza ubukho bakhe, kuba soyika ukuthi mhlawumbi sife.’

17Waza wathi kum uNdikhoyo: ‘Sihle isicelo sabo.

18Ndiya kubanika umshumayeli ophuma kwakubo, afane nawe lo. Ke yena amazwi am aya kuphuma ngomlomo wakhe, aze abaxelele yonke imimiselo yam.

© 1996 Bible Society of South Africa.

19Uya kuthetha egameni lam; ke mna ndiya kumohlwaya nabani na
ongawathobeliyo amazwi am.

20Ke yena umshumayeli ongomnye, ozigwagwisa ngokuthi uthetha egameni
lam ndingamthumanga, wobulawa. Koba kwangokunjalo nakoshumayela
egameni loothixo abangabambi.'

21"Mhlawumbi ningaxakwa, nithi: 'Soluqonda njani na udaba ukuba alululo
olukaNdikhoyo?'

22Ukuba umshumayeli uthetha egameni likaNdikhoyo ize ingenzeki loo nto
ayithethileyo, nomqonda ukuba udaba lwakhe aluphumi kuNdikhoyo, koko
uyazithethela nje; ngoko ke sanukuziduba ngaye."

Uhlaziyo-Mnqophiso 19

Iidolophu zokuphephela
(Ntlango 35:9-28; Yosh 20:1-9)

1"Akuba ke uNdikhoyo uThixo wakho ezitshabalalisile ezo zizwe zimhlaba
wazo awupha wena, naza nazigxotha nema kwiidolophu zazo ngokunjalo
nemizi yazo,

2-3lahlule kathathu elo lizwe, kummandla ngamnye ukhethe
idolopu efikeleleka lula, uzilungise iindlela eziya kuyo. Úya kuthi ke umntu
obulele omnye abe nokuphephela kwenye yazo, afumane ukukhuseleka.

4Inkqubo iya kuhamba ngolu hlobo: Umntu obulele omnye ngengozi,
engelotshaba lwakhe, wobalekela kwenye yazo ukuze asinde.

5Ukuba abantu ababini baphumile baya kutheza ehlathini, waza ke wathi
omnye wabo esagawula umthi lasuka lapoqa izembe lakhe laza lamenzakalisa
wafa omnye lowo, lo ebegawula makaphephele kwenye yezo dolophu
ukuzisindisa.

6Xa umgama ekufuneka uhanjwe ngulowo ubalekayo umde, isizalwane
esingumphindezeli soba nako ukumfumana lo ubuleleyo engekafiki,
simbulale nakuba engenatyala yena ngokwakhe. Andithi na kaloku umbulele
ngengozi lo mntu engelotshaba lwakhe!

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Kungenxa yeso sizathu ke le nto ndikuyalela ukuba umise iidolophu zibe ntathu.

8“Xa uNdikhoyo uThixo wakho ethe walandisa elo lizwe lakho, wakongezela wonke umhlaba awuthembise ookhokho bakho efunga,

9kofuneka uphinde ukhethe nezinye iidolophu zibe ntathu. Uzukwenze ke konke endikuyaleleyo namhlanje, ubonakalise ukumthanda uNdikhoyo uThixo wakho, uhlale uziphatha ngokweemfundiso zakhe.

10Ezi dolophu ziyimfuneko, khon' ukuze abantu abamsulwa bangabi loxhoba lokubulawa kwelo lizwe uliphiwa nguNdikhoyo uThixo wakho.

11“Kambe ke xa umntu elalele umwabo amthiyileyo wamgebenga engacingele nto, waza wabalekela kwenye yezi dolophu,

12amadoda amakhulu aloo dolophu yakhe makamlande, amnikezele kwisizalwane sikamfi esingumphindezeli, size sisibulale isigebenga eso.

13Umntu onjalo sukuba natarhu mpela kuye. Ubugebenga mabutshayelwe buphele tu kwaSirayeli, khon' ukuze nihlale ngoxolo.”

Umlimandlela

14“Ungaze uwuhlehlise umlimandlela wentsimi yommelwane wakho.Kaloku wona wamiswa ngamanyange mandulo kwelo lizwe uliphiwe nguNdikhoyo uThixo wakho.”

Ingqina elixokayo

15“Ingqina elinye alanele xa umntu ebekwa ityala, nokuba wone kanjani na. Ubutyala bommangalelwa kufuneka bumelwe ngamangqina amabini okanye amathathu.

16Ukuba umntu okhohlakeleyo uzama ukudyobha omnye ngetyala,

17bobabini mabasiwe phambi koNdikhoyo endaweni yonqulo, ityala elo liphicothwe ngababingeleli nabagwebi abasesikhundleni.

18Abagwebi mabenze uphando olunzulu, baze bathi xa befumanisa ukuba ummangali lo umdyoba nje uwabo lo,

© 1996 Bible Society of South Africa.

19bohlwaye ummangali lowo ngesohlwayo ebelindele ukuba siya kunikwa
ummangalelwa lowo. Ngale ndlela ke wobutshayela ububi buphele phakathi
kwenu.

20Baya kuthi ke abanye abantu bakuyiva le nto yenzekileyo batsho boyike,
kungabi sabakho mntu uphinda ayenze into enjalo.

21Ewe, uzungabi natarhu mpela; isohlwayo sibe bubomi ngobomi, iliso
ngeliso, izinyo ngezinyo, isandla ngesandla, nonyawo ngonyawo. ”

Uhlaziyo-Mnqophiso 20

Mayela nemfazwe

1“Xa uthe waphuma usiya kulwa notshaba, waza wabona ukuba lona
luneenqwelo namahashe, nomkhosi walo ungaphezulu kowakho, sukoyika.
UNdikhoyo uThixo wakho owakukhupha eJiputa uya kuba nawe.

2Phambi kokuba uhlasele makuze umbingeleli, afike athi apho emkhosini:

3‘Hoyina, maSirayeli! Namhla ilizwe lifile! Kambe ke sanukuba nantaka,
ningabi nadyudyu! Musan' ukuphaphazela!

4Kaloku uNdikhoyo uThixo wenu uya kuba nani; nguye oza kunilwela
anithwes' uloyiso.’

5“Ke zona iinduna ziya kubhekisa emkhosini zithi: ‘Ngaba kukho ndoda na
apha kuni esandula ukwakha indlu, kodwa ingekayivuli? Xa kunjalo ke lowo
makabuy' umva agoduke. Kungenjalo, xa athe akabuya emfazweni, loo ndlu
yakhe iya kuvulwa mntu wumbi.

6Ngaba kukho indoda esandula ukutyala isidiliya, kodwa ingekavuni kuso?
Xa kunjalo ke leyo mayibuy' umva; kungenjalo, xa ithe ayabuya emfazweni,
loo wayini yayo iya kuxhanyulwa mntu wumbi.

7Ngaba kukho indoda elobolayo na apha phakathi kwenu? Xa ikho mayibuye
umva; hleze ithi xa kwenzekile ayabuya emfazweni, lowo owayeza kuba
ngumkayo atshatwe yindoda yimbi.’

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8“Kwakhona iinduna ziya kubuzisa zithi: ‘Ngaba kukho indoda enentliziyo kanina na apha? Xa kunjalo ke mayibuy' umva, hleze isulele namanye.’

9Ziya kuthi ke zakukhov' ukwenjenjalo iinduna ezo, ibutho ngalinye limiselwe izinxiba-mxhaka zalo.

10“Xa uya kuhlasela isixeko, abemi baso qala ubaphe ithuba lokuzinikezela.

11Xa bathe bavula amasango bezinikezela, bonke baya kuba zizicaka zakho bakusebenzele.

12Kambe ke xa abemi abo bengafuni kunikezela, bekhetha ukulwa, umkhosi wakho mawusingqinge eso sixeko.

13Akuba ekuvulele ke uNdikhoyo uThixo wakho ukuba uhlasele, tshabalalisa yonke into eyindoda apho.

14Kambe ke ungabathimba abafazi, nabantwana, nemfuyo, nako konke okulapho kweso sixeko. Ungayisebenzisa yonke into elixhoba oyithimbe kolo tshaba lwakho; uNdikhoyo uThixo wakho ukuphile.

15Uya kwenjenjalo ke xa usilwa nezixeko ezikude, nditsho ezingezizo ezeentlanga eziningqongileyo.

16“Kodwa ke xa uhlasela isixeko esikwakwelo lizwe uliphiwa nguNdikhoyo uThixo wakho, uzubulale konke nje.

17Vuthulula utshabalalise wonke umntu: amaHiti, ama-Amori, amaKanana, amaPerezi, amaHivi, namaJebhusi, ngokomlomo kaNdikhoyo uThixo wakho.

18Batshabalaliseni khon' ukuze banganiwexuleli ekumoneni uNdikhoyo uThixo wenu, banifundise ezaa ndlela zabo zimasikizi bazinqula ngazo izithixo zabo.

19“Xa uhlasela isixeko, sukuyigawula imithi yaso yeziqhamo, noba ungade usingqinge ixesha elide kangakanani na. Ungazitya iziqhamo ezo, kodwa ke ungayitshabalalisi yona imithi. Kungani uhlasele imithi ingelotshaba lwakho nje!

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

20Ke yona eminye imithi ungayigawula uyisebenzise ekwaphulen' iimpondo eso sixeko ulwa naso.”

Uhlaziyo-Mnqophiso 21

Ubugebenga

1“Xa sewukwelo lizwe uza kuliphiwa nguNdikhoyo uThixo wakho, waza wafumana umntu enzakaliswe wafa engaphandle komzi, ube wena ungazi ukuba ubulewe ngubani na,

2kufuneka amadoda amakhulu nabagwebi baye kuloo ndawo afele kuyo, bafike balinganise umgama ukusuka kuloo ndawo ukuya kwiidolophu ezikufutshane.

3Ke wona amadoda amakhulu aloo dolophu iyeyona ikufuphi kuloo mntu kofuneka akhethe ithokazi lenkomo elingazange lisebenze.

4Aya kulithatha ke, aye nalo ngasentlanjeni engatshiyo, apho kungazange kwalinywa, afike alaphule ilungu lentamo.

5Ababingeleli bakwaLevi kofuneka babekho nabo apho, kuba ngabo abanyulwe nguNdikhoyo uThixo wenu ukuba baqwalasele imicimbi yonqulo, baze bathamsanqele egameni likaNdikhoyo, bade baphicothe bagwebe kwimibandela yeembambano nobugwinta.

6Onke ke amadoda amakhulu aloo dolophu ikufuphi kufuneka ahlambe izandla phezu kwelo thokazi laphulwe ilungu lentamo,

7athi: ‘Akagetyengwanga sithi lo mntu, futhi asimazi nomntu oyenzileyo le ntlekele.

8Awu, Ndikhoyo, nceda, waxolele amaSirayeli owawahlangula eJiputa. Lala ngenxeba usixolele, ungalibeki phezu kwethu eli tyala legazi elimsulwa.’

9Xa wenze ngokwalo mmiselo kaNdikhoyo ke, uya kuba uzihlambile kwityala lobugebenga.”

Abathinjwa ababhinqileyo

10“Xa uNdikhoyo ekunike uloyiso emfazweni, waza wanabantu obathimbayo,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11kungenzeka apho kwâbo bantu wena ubone inzwakazi, uze unqwenele
ukuyithatha. Yithathe,

12uyise emzini wakho, ifike igugule intloko, inqumle iinzipho,

13ikhulule izambatho efike nazo. Emva koko ke mayihlale apho, izilele ikhaya
layo ngokunjalo nabazali bayo isithuba esingangenyanga, wandule ke
ukuyithatha ibe ngumkakho.

14Kamva ke, xa ungasayifuni, yikhulule ihambe iye apho ithande khona.
Kaloku uyenze umkakho; ngoko ke akunalungelo lakuyithengisa ibe
likhoboka."

Ilifa lenkulu

15"Ukuba indoda inabafazi ababini, omnye imthanda kunomnye, baza ke
bobabini bazala oonyana, kwaza kwathi kanti lo ulizibulo akanguye
owomfazi oyintandane,

16ngoku ke xa le ndoda ifuna ukubabela ilifa layo, mayingabi nagobe
ngokubhekiselele kulo nyana womfazi oyintandane, imnike inxaxheba
yonyana wamazibulo.

17Unyana wamazibulo makanikwe ilifa eliphindwe kabini, nokuba akazalwa
ngumfazi oyintandane. Kaloku nguye oluphawu lwamandla kayise. Ilungelo
lenkulu lelakhe."

Unyana oyinjubaqa

18"Xa indoda inonyana onenkani, oyinjubaqa, ongevayo naxa selelulekwa
ngabazali bakhe,

19kufuneka abazali abo bamthathe bamse enkundleni kumadoda amakhulu
edolophu leyo.

20Baya kuthetha benjenje: 'Lo nyana wethu unenkani, uyinjubaqa;
akasiphulaphuli. Ulidla-kudla, futhi ulinxila.'

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21Amadoda edolophu leyo makamxulube ngamatye ade afe, khon' ukuze buncothulwe ububi phakathi kwenu. Aya kuthi ke amaSirayeli akuyiva le nto ihlileyo atsho oyike.”

Eminye imithetho

22“Xa indoda ithe inetyala yagwetyelwa ukufa, yaza ke yabulawa yaxhonywa emthini,

23makungade kuse isaxhonyiwe. Mayithulwe ingcwatywe kwangaloo mini; kaloku umntu oxhonywe emthini uqalekisiwe nguThixo. Ngoko ke mawungcwatywe umzimba, khon' ukuze ungagqwaliseki umhlaba owuphiwe nguNdikhoyo uThixo wakho.

Uhlaziyo-Mnqophiso 22

1“Ukuba ubhaqa inkomo okanye igusha yomwenu ilahleka, sukuyijonga nje, koko yinqande uyigoduse.

2Kodwa ke ukuba umniniyo uhlala kude okanye akuyazi ukuba yekabani na, yithathe uyigcine kwakho. Akufika ke umniniyo eyifuna mnike.

3Yenza kwaloo nto nokuba yidonki okanye yimpahla yokunxiba oyicholeyo, nayo nantoni na yomwenu elahlekileyo.

4“Ukuba idonki okanye inkomo yomwenu ibuthisile, sukugqitha nje; mncedise niyiphakamise.

5“Abafazi mabanganxibi iimpahla zamadoda, ngokunjalo namadoda makangazinxibi iimpahla zabafazi, kuba abantu abenza imikhuba elolo hlobo banezothe kuNdikhoyo uThixo wakho.

6“Ukuba ubonisele intaka emthini okanye phantsi, waza wafumanisa ukuba imazi leyo iyafukama okanye inamathole, sukuyibamba uyithathe imazi leyo.

7Amathole wona ungawathatha, kodwa ke yena unina myeke, khon' ukuze uxhamle ubomi obude obunenkqubela.

8“Xa usakha indlu yenzele ungqameko apha emaphethelweni ephahla, khon' ukuze ungabi natyala lakubulala xa umntu ewe khona waza wafa.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9“Entsimini olime kuyo idiliya sukulima nesinye isityalo, hleze ungafumani
sivuno kuzo zombini.

10Ungaze ubophe inkomo kunye nedonki xa ulimayo.

11Ungaze unxibe impahla engumxube, uboya kunye nomchako.

12“Impahla yakho yenzele amanquma kumasondo omane.”

Ubungqina bobuntombi

13“Kungenzeka ukuba indoda izeke, ize kamva idikwe ngumfazi lowo,

14imnyelise ngokuthi: ‘Ndamzeka, ndaza ndathi ndakusondela kuye ndabhaqa
into yokuba akayontombi.’

15“Kumbandela onje ke abazali bomfazi baya kuthatha ubungqina
bobuntombi, baye nabo enkundleni kumadoda amakhulu edolophu leyo.

16Wothetha enjenje ke uyise: ‘Lo mfo wathatha le ntombi yam ukuba ibe
ngumkakhe; kodwa ngoku udikiwe yiyo.

17Uyayityhola ngokuthi: “Kuthe kanti ibingeyontombi.” Kambe ke, nabu
ubungqina obudiza ubuntombi bomntwan' am; khangelani, niyayibona le
ngubo; injani?’

18Kwesi sithuba ke amadoda amakhulu edolophu leyo aya kuyithatha indoda
leyo ayikatse.

19Kwangokunjalo indoda leyo iya kuhlawuliswa ikhulu leesiliva, lize linikwe
uyise wentombi leyo, kuba le ndoda ihlaze intombi yamaSirayeli. Ngaphezu
koko ke, lo mfazi uya kuhlala engumkayo; soze abe nelungelo lokumala
nanini na.

20“Ukuba kuthe kanti akukho bungqina babuntombi kuye,

21amadoda amakhulu edolophu leyo aya kumkhupha kowabo, amxulube
ngamatye ade afe. Kaloku wenze ihlazo phakathi kwamawabo, wavula
ubuhlanti bukayise engendanga. Ngale ndlela ke noba nibuncothule ububi
kwaSirayeli.”

Iziyalo

© 1996 Bible Society of South Africa.

22“Xa umfo othile ebhaqwe ekrexeza nomka-mntu, mababulawe bobabini.
Ngaloo ndlela ke noba nibuncothule ububi kwaSirayeli.

23“Xa intombi eyendayo ibhaqwe emzini ihlangene nandoda yimbi,

24bobabini mabathathwe bakhutshelwe ngaphandle kwedolophu, baxulutywe
ngamatye bade bafe. Intombi le mayibulawe kuba ingenzanga mizamo ikhale,
nangona ibingéviwayo. Ke yona indoda le mayibulawe kuba ithathe isondo
kwintombi eyendayo. Ngale ndlela ke noba nibuncothule ububi phakathi
kwenu.

25“Ukuba indoda idlwengule intombi eyendayo besendle, indoda leyo
mayibulawe.

26Ke yona intombi leyo mayingenziwa nto, kuba ayenzanga sono sifanele
ukuba ife. Kaloku eli tyala lifana nelendoda ehlasele enye yayenzakalisa,

27kuba le ndoda idlwengule intombi endle, yaza yathi nangona ikhala
akwabikho bani ungayincedayo.

28“Ukuba indoda ibhaqwe idlwengula intombi engendiyo,

29loo ndoda mayikhuphe ikhazi eliziisiliva ezimashumi mahlanu, iyithathe
loo ntombi ibe ngumkayo. Kaloku izithathele isondo ngenkani; ngoko ke
mayingaze yahlukane nayo nanini na.

30“Makungaze kubekho nyana uzeka umka-yise; ngokwenjenjalo uya kuba
uhlazisa uyise. ”

Uhlaziyo-Mnqophiso 23

Ukuhlela ibandla

1“Indoda elithenwa ngokutyunyuzwa, okanye enqunyulwe ububoda, ize
ingabandakanywa nebandla labantu bakaNdikhoyo.

2“Umntwana wombulo ngokunjalo nenzala yakhe kude kuye kwisizukulwana
seshumi maze angabandakanywa nebandla labantu bakaNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

3“UmAmon okanye umMowabhi, ngokunjalo nenzala yakhe kude kuye
kwisizukulwana seshumi, aze angabandakanywa nebandla labantu
bakaNdikhoyo.

4Kaloku wona ala ukukupha ukutya namanzi ngokuya wawuvela eJiputa;
ndaweni yaloo nto aqesha uBhalam unyana kaBhehore, owayephuma
kwisixeko iPetore kwelaseMesopotami, ukuba akuqalekise.

5Kodwa ke uNdikhoyo uThixo wakho zange amhoye uBhalam lowo; ndaweni
yaloo nto wasijika isiqalekiso eso saba yintsikelelo ngenxa yokuba ekuthanda.

6Ngalo lonke ixesha uzungaze ube nobudlelwane nezi zizwe okanye
ukhuthaze inkqubela yazo.

7“Ungaze uwajongele phantsi amaEdom; kaloku uyazalana nawo. NamaJiputa
uzungaze uwajongele phantsi; kaloku wawukhe waba ngumphambukeli
elizweni lawo.

8Wona ukusukela kwisizukulwana sawo sesithathu angabandakanywa
nebandla labantu bakaNdikhoyo.”

Ukuziphatha komkhosi

9“Xa umkhosi wakho uphuma usiya kuhlasela utshaba mawuzigcine ungenzi
nanye into engavumelekanga.

10Ukuba ijoni lithe lanomlaza ngenxa yokuba lichithe ubudoda lilele,
maliphumele ngaphandle, lihlale apho.

11Kuya kuthi ke emalanga lihlambe umzimba, lize lithi lakutshona ilanga
libuyele kwibutho lalo.

12“Kufuneka ube nendawo yangasese ngaphandle qelele kwisikhululo sakho.

13Phakathi kwezikrweqe zakho malubekho ulugxa, khon' ukuze uthi xa uye
ese uzimbele umngxuma owohlala kuwo.

14Kaloku uNdikhoyo uThixo wakho uhlala kunye nawe, khon' ukuze
akukhusele, ube nokuzoyisa iintshaba zakho. Ungaze wenze nto ilihlazo,
khon' ukuze angakufulatheli uNdikhoyo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

Eminye imithetho

15“Xa lithe ikhoboka lamshiya umninilo, labalekela kuwe, sukuligodusa.

16Lingahlala nakuyiphi na idolophu eliyithandayo. Malingaphathwa gadalala.

17“UmSirayeli, eyindoda okanye engumfazi, makangaze abe lihenyu lokunqula izithixo.

18Nemali efunyenwe ngale ndlela mayingaze iziswe endlwini kaNdikhoyo uThixo ngenxa yaso nasiphi na isibhambathiso. Kaloku lo mkhwa ulisikizi kuNdikhoyo uThixo wakho.

19“Xa umSirayeli eboleke imali, noba kukutya, okanye noba yintoni na kuwe, sukumbiza nzala.

20Ungayibiza inzala ngento oyiboleke intlanga, ungayibizi kumwenu. Xa uwuthobele lo myalelo uNdikhoyo uThixo wakho uya kuyithamsanqelisa yonke into oyenzayo kwelo lizwe uya kuma kulo.

21“Xa wenze isibhambathiso kuNdikhoyo uThixo wakho uzungalibazisi ukusifezekisa. Kaloku uNdikhoyo uyasibanga, ibe ke sisono ukungasiphumezi.

22Akulotyala ukungenzi sibhambathiso;

23kambe ke, xa usenzile, qiniseka ngokusifezekisa. Kaloku usenze ungàqhutywa mntu.

24“Xa uhamba ngomlimandlela wesidiliya somntu, ungáyikha idiliya, uyitye kangangoko ufuna; kodwa uze ungayigaleli ntweni, uhambe nayo.

25Ukuba uhamba ngomlimandlela wentsimi yomntu enengqolowa, ungáyikha utye kangangoko ufuna, kodwa ungayisiki ngerhengqe.”

Uhlaziyo-Mnqophiso 24

Ukuqhawulwa komtshato

1“Ukuba indoda ithathe umfazi, yaza kamva yakruquka nguye ngenxa yesizathu esithile, kufuneka imbhalele incwadi yokwahlukana, ize imnike, ibe ke iyamgxotha ngolo hlobo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Xa athe kamva waphinda wathathwa yenye indoda,

3yaza nayo yamala yambhalela incwadi yokwahlukana yamgxotha, okanye ke mhlawumbi le ndoda yakhe yesibini isuke yatshaba,

4laa ndoda yakhe yokuqala ayinalungelo lokuphinda imthathe. Kaloku ngoku unomlaza. Xa ingasuka imthathe kwakhona yoba lisikizi elo kuNdikhoyo. Ngoko ke elo lizwe uliphiwa nguNdikhoyo uThixo wakho ungaze uligqwalise ngamasikizi anjalo.”

Ukubabonela abanye

5“Indoda esandula ukuthath' umfazi mayingaphumi nomkhosi. Nakuwo nawuphi na umsebenzi onjalo mayikhululeke ixesha elingangonyaka, khon' ukuze ihlale ekhaya yonwabe nomkayo.

6“Xa kukho into oyiboleke omnye umntu, sukumenza abambise ngelitye lakhe lokusila, nditsho nkqu imbokotho; kaloku ngolo hlobo loo mzi ungaba wohluthwe indlela yawo yokwenza ukutya.

7“Nawuphi na umntu oqweqwedise umSirayeli, waza wamenza ikhoboka lakhe, okanye wamthengisa ukuze abe likhoboka, makabulawe. Ngaloo ndlela ke noba nibuncothule ububi phakathi kwenu.

8“Xa kukho umntu ogula sisifo solúsu, yenza ngenyameko kanye ngokwemigqaliselo oyinikwa ngababingeleli; yenza ngokwemiyalelo endabanika yona.

9Yikhumbule into awayenzayo uNdikhoyo uThixo wakho kuMiriyam ngokuya naniphuma kwelaseJiputa.

10“Xa kukho into oyiboleke umntu othile, sukungena endlwini yakhe xa uye kulanda impahla abambisa ngayo;

11linda phandle, ibe nguye oyizisayo.

12Ukuba lo mntu lihlwempu, le mpahla yakhe ke mayingalali kuwe,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13koko yibuyisele kuye ukutshona kwelanga, kuba uyayifuna ngexesha lokulala. Úya kuthamsanqeliswa ke nguloo mntu, nesenzo sakho sibe sesobulungisa emehlweni kaNdikhoyo uThixo wakho.

14“Isicaka osiqeshileyo esisweleyo sukusiqhatha noba singumSirayeli okanye siyintlanga ehlala kwakwezo dolophu zenu.

15Yonke imihla ukutshona kwelanga mhlawule ngomsebenzi wakhe; kaloku loo mali uyayifuna, uqamele ngayo. Xa ungamhlawuli uya kukuxela kuNdikhoyo, uze ke wena ube netyala.

16“Abazali mabangabulawa ngenxa yamatyala enziwe ngabantwana babo, nabantwana mabangabulawa ngenxa yamatyala enziwe ngabazali babo; umntu makabulawe ngenxa yesono asenze ngokwakhe.

17“Uzungayigqwethi inyaniso xa kuthethwa ityala labangeneleli neenkedama. Xa umhlolokazi eboleke ulutho, sukuyithatha ingubo yakhe abambisa ngayo.

18Kaloku khumbula ukuba nawe wawukhe walikhoboka eJiputa, waza ke uNdikhoyo uThixo wakho wakukhulula; yiloo nto ke ndikunika lo myalelo nje.

19“Ukuba ushiye isithungu sengqolowa entsimini xa uvunayo, sukuphinda usiphuthume; sesoba sesabangeneleli abahlala phakathi kwenu, neenkedama, nabahlolokazi, khon' ukuze uNdikhoyo uThixo wakho akuthamsanqele kuyo yonke into oyenzayo.

20Xa uvuna umnquma, sukubuya ukhwahlaze; lo useleyo woba ngowabangeneleli, neenkedama, nabahlolokazi.

21Ngokunjalo naxa uvuna idiliya sukukhwahlaza; leyo iseleyo yeyabangeneleli, neenkedama, nabahlolokazi.

22Mayingaze iphume engqondweni yakho into yokuba nawe wawukhe walikhoboka eJiputa; yiyo loo nto ke mna ndikuyala ngolu hlobo nje.

Uhlaziyo-Mnqophiso 25

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1“Xa amaSirayeli amabini exabene, aza asana enkundleni, omnye wawo ke
wafunyaniswa engenatyala, waza ke wagwetywa omnye lo;

2ukuba ugwetywe ikatsi, umgwebi makatsho acanjalaliswe. Inani lemivumbo
yakhe loxhomekeka kwelo tyala alenzileyo.

3Angákatswa ukuya kwimivumbo emashumi mane, kodwa ke ingadluli
apho. Kaloku xa inokuba ngaphezu kwaleyo wòba umthobile umwenu.

4“Xa usebenzisa inkabi yenkomo ekubhuleni ingqolowa, musa ukuyifaka
isicheme.”

Uxanduva kwabazalanayo

5“Ukuba oonyana bomntu omnye bahlala mzini-mnye, aze omnye lo asweleke
engenanyana, umhlolokazi lowo kamfi akufuneki athathwe ndoda yamzi
wumbi; kaloku luxanduva lomntakwabo-mfi ukumthatha amenze umfazi.

6Ke unyana wokuqala abaya kumzala bobabini woba ngunyana kamfi, khon'
ukuze umlibo wakhe ungatshitshi kwaSirayeli.

7Kambe ke ukuba umntakwabo-mfi lo akafuni kumthatha, umka-mfi makaye
kuxelela amadoda amakhulu edolophu leyo, athi: ‘Umntakwabo-mfi akavumi
kuwenza umsebenzi wakhe; uyala ukuvelisela umfi inzala phakathi
kwamaSirayeli.’

8Ke wona amadoda amakhulu aya kumbiza athethe naye. “Ukuba ke
uphikelela ukwala,

9umka-mfi lowo makaye kuye ekho namadoda amakhulu edolophu leyo, afike
akhulule isihlangu sakhe, amtshicele ebusweni, athi: ‘Nantso ke into
eyenziwayo kumntu ongafuniyo ukuvelisela umntakwabo inzala.’

10Jikelele ke kwaSirayeli umzi wakhe uya kwaziwa njengomzi ondoda
ikhululelwe isihlangu.”

Izilumkiso

11“Ukuba amadoda amabini ayalwa, aze umfazi wenye azame ukuncedisa
indoda yakhe ngokubamba le ilwa nayo ngobudoda,

© 1996 Bible Society of South Africa.

12sukumenzela nceba, mnqumle isandla.

13-14“Xa usebenzisa isilinganiso sukwenza buqhopholo mayela nobunzima nobungakanani. Izilinganiso zakho mazibe zezizizo ngalo lonke ixesha.

15Sisebenzise ngokunyaniseka isilinganiso, khon' ukuze uhlale ithuba elide kwelo lizwe akunika lona uNdikhoyo uThixo wakho.

16Kaloku banezothe kuNdikhoyo abantu abanobuqhopholo.

17“Ungaze uyilibale into enayenziwa ngama-Amaleki ngokuya nanivela eJiputa.

18Wona ahlangana nani nidiniwe, niphelelwe ngamandla, aza ababulala bonke abo baberhuqeka ngasemva. Kaloku ayengamoyiki uThixo.

19Ngoko ke akuba uNdikhoyo ekuhlangule kuzo zonke iintlanga ezikungqongileyo, waza wawuma umhlaba akunika wona ukuba ube lilifa lakho, uze uwabulale uwatshayele ama-Amaleki atsho alibaleke. Uyabona ke, uze ungaphazami!”

Uhlaziyo-Mnqophiso 26

Iminikelo yesivuno

1“Wakuba ungenile wema kwelo lizwe uliphiwa nguNdikhoyo uThixo wakho,

2umntu ngamnye aze athathe ibhaskiti, afake ulibo lwento nganye ayilimileyo, aye nayo kuloo ndawo yonqulo yalathwe nguNdikhoyo uThixo wakho ukuzinzisa igama lakhe.

3Akufika ke uya kuya kumbingeleli osesikhundleni ngelo xesha, afike athi kuye: ‘Ngoku ndivakalisa kuNdikhoyo uThixo wam ukuba ndingenile kwelo lizwe wayethembise ngesifungo ukusinika lona koobawo-mkhulu.’

4“Ke yena umbingeleli lowo uya kuyithatha ibhaskiti leyo, ayibeke phambi kweqonga lamadini kaNdikhoyo uThixo wakho.

5Apho ke phambi koNdikhoyo uThixo wakho wena uya kucengceleza la mazwi, uthi: ‘Ubawo-mkhulu wayesisibhadu-bhadu esiphaleleyo somAram

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

esafuduka saya kuphambukela kwelaseJiputa. Ewe, babembalwa ukuya kwabo, kodwa babuya sebesisizwe esikhulu esomeleleyo.

6AmaJiputa asiphatha gadalala, asinyanzela ukuba sisebenze sibulaleka.

7Ke thina sazibika kuNdikhoyo uThixo woobawo-mkhulu. Yena wasiva isikhalo sethu, wakubona oko kubandezeleka, naloo hambo-nzima, ngokunjalo nengcinezelo esasikuyo.

8Ngobo bungangamsha naloo mandla akhe ke wasikhupha kwelaseJiputa. Wenza imiqondiso nemimangaliso, wabetha kwehla izinto ezirhwaqelisayo.

9Wasithatha ke waza kusibeka apha, wasinika eli lizwe lobisi nobusi.

10Ngoko ke ngoku, Ndikhoyo, ndikuphathele olu libo lwesivuno somhlaba ondiphe wona.' "Wakuba utshilo ke, ibhaskiti leyo uya kuyibeka phantsi apho phambi koNdikhoyo uThixo wakho, umnqule.

11Ewe, vuya, ube nemincili ngenxa yendyebo wena nendlu yakho akunike yona uNdikhoyo uThixo wakho. NabaLevi kunye nabangeneleli abahlala apho phakathi kwenu mababe nenxaxheba apho kulo msitho.

12"Njalo kunyaka wesithathu, ongunyaka wezishumi, khupha isishumi sesivuno sakho, usinike abaLevi, nabangeneleli, neenkedama, nabahlolokazi, khon' ukuze bathi xa bebonke, kuzo zonke izixeko, batye banele. Wakuba wenjenjalo ke

13thetha noNdikhoyo uThixo wakho, uthi: 'Ngoku ke ndiyikhuphile inxaxheba yakho; ndiyiphe abaLevi, nabangeneleli, neenkedama, nabahlolokazi, ngokomyalelo owandinika wona. Ewe, andiphambukanga okanye ndilibale namnye kwimiyalelo yakho ngesishumi.

14Andityanga nento le kuso xa ndandizilile; andakhupha nento le kuso kowam umzi xa ndandinomlaza; futhi andithathanga nento le kuso ndenza idini labangasekhoyo. Ndikuthobele, Ndikhoyo Thixo wam. Ewe, ndenze konke obundiyalele kona mayela nesishumi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

15Ngoko ke khawondele ezantsi ukwelo khaya lakho likhethekileyo – izulu –
ujonge usapho lwakho amaSirayeli, uwathi jize ngamathamsanqa, ngokunjalo
nalo mhlaba usiphe wona. Ewe, yenza ngokwesifungo sakho koobawo-
mkhulu – nditsho eso selizwe eliphuphuma ubisi nobusi.' "

Abantu bakaNdikhoyo

16"Namhlanje ke uNdikhoyo uThixo wenu uniyalela ukuba niyithobele yonke
imimiselo nemithetho yakhe. Ewe, nyanisekani niyithobele ngomxhelo wenu
uphela.

17"Ngokunjalo ke namhlanje niyivakalisile into yokuba uNdikhoyo nguThixo
wenu; futhi nithembisile ukuba niya kumthobela, niyenze imimiselo
nemiyalelo nemithetho yakhe.

18Kunamhlanje nje ke uNdikhoyo uyivakalisile into yokuba unamkele naba
ngabantu bakhe ncakasanangokwesithembiso sakhe; ngoko ke uyaniyala, uthi
yithobeleni imiyalelo yakhe.

19Ke yena uya kuniphakamisa, nibe ngaphezu kwazo zonke izizwe
awazidalayo, khon' ukuze nityibele nibonga nilizisele udumo nesithozela
igama lakhe. Ngenene niya kuba ngabantu bakaNdikhoyo uThixo wenu
ngokomlomo wakhe."

Uhlaziyo-Mnqophiso 27

Ukubhengezwa kwemiyalelo nemithetho

1UMosis ekunye namadoda amakhulu akwaSirayeli wathi: "Ze niyithobele
yonke imiyalelo endininika yona namhlanje.

2Mhla nayiwela iJordan nangena kwelo lizwe niliphiwa nguNdikhoyo uThixo
wenu, ze nimise amatye amakhulu, niwatyabeke ngefutha,

3-4niwabhale kuwo onke amazwi alo mthetho. Xa seniwelile nangena kwelo
lizwe lobisi nobusi nalithenjiswa nguNdikhoyo uThixo wooyihlo-mkhulu, la
matye ze niwamise kwintaba iEbhali, niwatyabeke ngefutha ngokwalo
myalelo ndininika wona namhlanje.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5Apho ke ze nakhele uNdikhoyo uThixo wenu iqonga lamadini ngamatye angaqingqwanga ngezixholo zentsimbi.

6Kaloku iqonga enilakhela uNdikhoyo uThixo wenu kufuneka libe lelamatye angaqingqwanga. Kulapho ke ekufuneka ninikele ngamadini atshiswayo,

7ngokunjalo nenze namadini obudlelwana, nitye ninombulelo apho phambi koNdikhoyo uThixo wenu.

8Kuloo matye atyatyekwe ngefutha ke ze niwabhale ngokucacileyo onke amazwi alo mthetho.”

9UMosis ekunye nababingeleli babaLevi ke wabhekisa kumaSirayeli, wathi: “Khanindibolek' iindlebe, maSirayeli! Namhlanje nibe ngabantu bakaNdikhoyo ncakasana. Nguye iNkosi yenu.

10Ngoko ke ze niyithobele imiyalelo nemimiselo endininika yona.”

Isiqalekiso ngenxa yentswela-mbeko

11Ngaloo mini uMosis wawayalela amaSirayeli, wathi:

12“Xa seniyiwelile iJordan ezi zizwe zilandelayo ze zime kwintaba iGerizim xa kuthamsanqelwa amaSirayeli: uSimon, uLevi, uJuda, uIsakare, uJosefu, noBhenjamin.

13Kanti ke nazi eziya kuma kwintaba iEbhali xa kuqalekiswa: uRubhen, uGadi, uAshere, uZebhulon, uDan, noNafetali.

14“Ke bona abaLevi baya kuvakalisa la mazwi bekhwaza besithi:

15‘Uqalekisiwe umntu oqingqa umfanekiso ngelitye, umthi, noba sisinyithi, aze awunqule emfihlakalweni. Into enjalo lisikizi kuNdikhoyo.’ “Ke bona abantu bophendula besithi: ‘Makube njalo!’

16“ ‘Uqalekisiwe nabani na odela uyise noba ngunina.’ “Ke bona abantu bophendula bathi: ‘Makube njalo!’

17“ ‘Uqalekisiwe nabani na oshenxisa umlimandlela wommelwane.’ “Ke bona abantu bophendula bathi: ‘Makube njalo!’

© 1996 Bible Society of South Africa.

18“ ‘Uqalekisiwe nabani na olahlekisa imfama endleleni.’ “Ke bona abantu bophendula bathi: ‘Makube njalo!’

19“ ‘Uqalekisiwe nabani na ogqwetha inyaniso xa kuthethwa ityala labangeneleli neenkedama nabahlolokazi.’ “Ke bona abantu bophendula bathi: ‘Makube njalo!’

20“ ‘Uqalekisiwe umntu owambatha umka-yise, kuba unyelisa uyise.’ “Ke bona abantu bophendula bathi: ‘Makube njalo!’

21“ ‘Uqalekisiwe nabani na olala nesilwanyana.’ “Ke bona abantu bophendula bathi: ‘Makube njalo!’

22“ ‘Uqalekisiwe umntu owambatha udade wabo, nditsho intombi kayise nokuba yekanina.’ “Ke bona abantu bophendula bathi: ‘Makube njalo!’

23“ ‘Uqalekisiwe umntu owambatha umkhwekazi.’ “Ke bona abantu bophendula bathi: ‘Makube njalo!’

24“ ‘Uqalekisiwe umntu ogebenga umwabo engabonwa.’ “Ke bona abantu bophendula bathi: ‘Makube njalo!’

25“ ‘Uqalekisiwe umntu othengwayo khon' ukuze agebenge abamsulwa.’ “Ke bona abantu bophendula bathi: ‘Makube njalo!’

26“ ‘Uqalekisiwe nabani na ongazithobeliyo aziphumeze iimfundiso zalo mthetho.’ “Ke bona abantu bophendula bathi: ‘Makube njalo!’ ”

Uhlaziyo-Mnqophiso 28

Kuluyolo ukuthobela

(Nqulo 26:3-13; Hlaz 7:12-24)

1“Ke ukuba ulithobele ilizwi likaNdikhoyo uThixo wakho, wayenza ngononophelo imiyalelo endikunika yona namhlanje, uNdikhoyo uya kukuphakamisa kunazo zonke izizwe zehlabathi.

2Xa uthe walithobela ke walenza lizwi likaNdikhoyo uThixo wakho, nâzi iintsikelelo owozixhamla:

3“Wosikelelwa ezidolophini nasemaphandleni.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4“Wosikelelwa, umfazi wakho azale, emasimini indyebo ibe ngako, yona imfuyo yande, kubekho amathole namatakane.

5“Wosikelelwa, ingobozi yakho iphuphume isivuno, isitya sakho sokuxovulela sihlale sinentlama.

6“Wosikelelwa ekuphumeni kwakho, nasekubuyeni kwakho ngokunjalo.

7“UNdikhoyo uya kukuvathisa ngoloyiso, nditsho noba sewuhlaselwa ziintshaba. Zothi noba sezivela kwicala elithile, wena uzibethe zithi saa macal' onke.

8“UNdikhoyo uThixo uya kuwuthamsanqela umsebenzi wakho, izisele zakho zihlale ziphuphuma. Uya kukuthi jize ngamathamsanqa kwelo lizwe akunika lona.

9“Ukuba niyithobele imiyalelo nahamba ngokwelizwi lakhe, uNdikhoyo uThixo wenu uya kunimisela nibe ngabantu bakhe ncakasana ngokwesithembiso sakhe.

10“Ziya kuthi ke izizwe zehlabathi, zakuqonda ukuba uNdikhoyo unenze abantu bakhe, zitsho zinihlonele.

11“Ewe, uNdikhoyo wokuthi jize ngenkqubela, uzale abantwana, imfuyo yakho ibe namathole namatakane, amasimi akho axakathe isivuno kwelo lizwe uNdikhoyo wafunga ukubanika lona ooyihlo-mkhulu.

12UNdikhoyo uya kuwavula amazulu ngexesha elililo, imvula ayiphokoze kuvimba wakhe, awuthamsanqele umsebenzi wakho, khon' ukuze ungasweli nto, koko ubolekis' ezizweni, phofu wena ngokwakho ube ungafuni nto mntwini.

13UNdikhoyo uya kukwenza ube yimbalasane phakathi kwezizwe, ungabi semxukuxeleni. Uya kuba soloko unenkqubela, ungaze uwe phantsi, ukuba uyithobele wayenza imiyalelo yakhe endikunika yona namhlanje.

14Noba sekutheni na ungaze uphambuke nakancinane kule miyalelo; ungaze unqule ubuse oothixo abangabambi.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Iziqalekiso zokungathobeli
(Nqulo 26:14-46)

15“Kambe ke ukuba akulithobelanga ilizwi likaNdikhoyo uThixo wakho,
ukuba akuyenzanga yonke le miyalelo nale mimiselo ndikunika yona
namhlanje, ziya kukufumana iziqalekiso:

16“Woqalekiswa ezidolophini nasemaphandleni.

17“Yoqalekiswa ingobozi yakho, nesitya sakho sokuxovulela ngokunjalo.

18“Yoqalekiswa inzala yakho, nesivuno somhlaba wakho, kwanamathole
namatakane emfuyo yakho.

19“Woqalekiswa ekuphumeni kwakho, nasekubuyeni kwakho ngokunjalo.

20“UNdikhoyo uya kukuzisela ishwangusha, kube sisiphithi-phithi
nenkxwaleko kuyo yonke into oyenzayo, suka uhlelwe sisithwakumbe ude
utshabalale ngephanyazo, ngenxa yobubi obenzileyo bokumlahla
ungamthobeli uNdikhoyo.

21UNdikhoyo uya kukubetha ngezifo ngezifo, akutshayele uphele nya,
ungawuhlali lo mhlaba uza kungena kuwo ngoku.

22Uya kukubetha ngezifo ezidla umzimba, umkhuhlane, necesina. Umoya
onolophu uya kuwatshabalalisa amasimi akho, akuyekele ngembalela
kwanezifo kwizilimo zakho. Ezi zibetho ke ziya kukuthi nca ude ungabikho.

23Ilanga liya kubalela esibhakabhakeni, umhlaba wome ube lilitye.

24Imvula aya kuyinisa uNdikhoyo yoba zizaqhwithi nothuli, ude utshabalale.

25“UNdikhoyo uya kuzipha uloyiso iintshaba zakho, zikuvuyelele. Wothi
uzihlasela kweli cala, zona zikubethe uthi saa macal' onke. Zonke ke izizwe
zehlabathi ziya kuthi zakuyibona le nto ikuhleleyo zitsho zihlasimle.

26“Xa senifile imizimba yenu iya kutyiwa ziintaka namarhamncwa, futhi
kungabikho namntu uzigxothayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

27UNdikhoyo uya kukubetha ngamathumba uxel' amaJiputa. Umzimba wakho
uya kuphanjwa zizilonda nalukhwekhwe, urhawuzelelwe ingekho nendlela
yokukunyanga.

28UNdikhoyo uya kukubetha ngogezo, ubumfama, nobuthwanga-thwanga.

29Uya kuba ngathi uyimfama, uphampathe ngoku ilanga lihlab' umhlaba.
Kuyo yonke into oyenzayo akuyi kuba nampumelelo. Uya kuba sisisulu
sengcinezelo, uphangwe, kungekho bani ungakuncedayo.

30“Noba sewulobola intombi, kovela mntu wumbi ayixhaphaze. Noba
sowusakha indlu, soze uyihlale. Uya kuba ngatyala isidiliya, ungacholi
naphantsi kuso.

31Nenkomo yakho iya kuxhelwa ujongile, kodwa ungakhothi naphantsi kuloo
nyama. Idonki yakho iya kuthinjwa ubukele, ungaze ubuye uyibone. Iigusha
zakho ziya kunikelwa ezintshabeni, kungabikho namntu ungakuncedayo.

32Oonyana neentombi zakho ziya kunikezelwa kwezinye iintlanga ujongile.
Uya kutyabuk' amehlo ujong' enkalweni, ulindele ukubuya kwabantwana
bakho, kungekho nto unokuyenza.

33Kuya kuvela uhlanga ongalwaziyo, lufike luvune izilimo zakho
obulalekileyo ngazo, ke wena into oya kuyizuza yingcinezelo nentshutshiso
engaphele ndawo.

34Ububi obubonayo buya kukubetha utsho ube ligeza.

35UNdikhoyo uya kukubetha ngamathumba anganyangekiyo emadolweni
nasemilenzeni, athi tshitshilili ukusuka entloko kuye kuthi xhaxhe
ngeenyawo.

36“Wena, ngokunjalo nokumkani ommiseleyo, uNdikhoyo uya kunithatha
anise kwilizwe eningalaziyo, elingazange laziwa nangooyihlo-mkhulu. Apho
ke uya kunqula thixo bambi abenziwe ngomthi, ngokunjalo nabamatye.

37Kwezo zizwe akusasaze kuzo uNdikhoyo abantu baya kukuthela nqa, ube
yintlekisa nondaba-mlonyeni.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

38“Uya kuthi ngoku ubuhlwayele kakhulu uvune into engekhoyo. Kaloku
isivuno sakho siya kunqunquthwa ziinkumbi.

39Uya kuba ngatyala isidiliya usihlakule usilungise, ungazuzi diliya nawayini,
kuba kaloku siya kungenelwa ngurhuxeshe.

40Umnquma uya kubakho kuyo yonke indawo kwelo lizwe, kodwa wena
ungabi nawo amafutha okuthambisa, kuba umnquma lowo uya kuvuthuluka.

41Oonyana neentombi uya kuba nabo nje ngegama, kuba baya kuthinjwa.

42Imithi yakho yeziqhamo, ngokunjalo nezilimo, ziya kunqunquthwa
yinkumbi.

43“Abangeneleli belakowenu baya kubalasela baye beqaqamba
ngokuqaqamba, ke nina niye nidodobala ngokudodobala.

44Baya kubolekisa kuwe, ube ke wena ungenanto yakubolekisa. Ekugqibeleni
ke baya kuba ziinkokheli, wena ube ngumlandeli.

45“Zonke ke ezi ziqalekiso ziya kukujikeleza zide zikufumane, zikuvuthulule
uphele, ngenxa yokuba ungaliphulaphulanga ilizwi likaNdikhoyo uThixo
wakho, ungayenzanga imiyalelo nemimiselo endikunike yona.

46Ziya kuba ngumqondiso nesimanga kuwe nakwisizukulwana sakho kude
kube nini-nini.

47“Nakuba uNdikhoyo uThixo wakho wakusikelela ngeendlela zonke nje,
akuvumanga ukumnqula ngokuthakazela ngexesha lentlutha.

48Ngoko ke uya kubusa iintshaba akuthumele ngazo uNdikhoyo. Uya
kucikidwa yindlala, unxano, nobuze, naziindidi ngeendidi zeentswelo. Uya
kukukhama ngedyokhwe yentsimbi ude utshabalale.

49UNdikhoyo uya kukuthumela ngohlanga oluvela kwelikude eziphelweni
zehlabathi, abantu abantetho ungayivayo; bona ke baya kukurhewula
njengokhozi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

50Olu ke iya kuba luhlanga olungwanyalala, olungakhathalele mntu mdala, lungenanceba nasemntwaneni.

51Iinkomo nesivuno sakho siya kuba lilifa labo, ube ke ubulawa yindlala. Aba bantu baya kutshayela konke nje: ingqolowa, iwayini entsha, amafutha omnquma, inkomo nenzala yayo, ngokunjalo negusha; ke wena ude utshabalale.

52Baya kuzihlasela bazingqinge zonke iidolophu zelo lizwe akunika lona uNdikhoyo uThixo wakho, nezo ndonga zinde ukholosa ngazo ziya kudilika zifadalale.

53“Xa sezikungqingile iintshaba zakho uya kuxineka ucikideke yindlala kangangokuba ude utye nabantwana bakho obaphiwe nguNdikhoyo uThixo wakho.

54-55Nditsho namadoda aphucukileyo anesisa ngelo thuba aya kuphalala ebethwa yindlala, kangangokuba ade atye abantwana bawo. Indoda iya kuvimba nomntakwayo, nomfazi wayo oyintanda, nditsho nowokugqibela osekhoyo kubantwana bayo.

56-57Kwanomfazi ozitshoyo, intokazi esisigcodololo esichula ukunyathela, naye uya kuziphatha kwangolo hlobo. Luya kuthi lwakuningqinga utshaba acikidwe liphango, aphalale kangangokuba ade atye nosana agqib' ukulizala, ngokunjalo nomkhaya lowo, yonke ke le nto eyiba. Ewe, uya kude avimbe nendoda le yakhe yebhongo; asisathethi ke ngabantwana bakhe.

58“Ukuba akuyithobelanga ngenyameko imfundiso yalo mthetho ubhalwe kule ncwadi, ukuba uthe awalihlonipha eli gama lizukileyo linobuqaqawuli likaNdikhoyo uThixo wakho,

59wena ngokunjalo nenzala yakho úya kunibetha ngezithwakumbe ezingaqhelekanga nezingaphele ndawo, nezifo ezoyikekayo ezingeva yeza.

60Uya kukuzisela ezaa zifo zaseJiputa wawuzoyika kunene, zaye ke zona ziya kunamathela kuwe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

61“Ngaphezu koku uNdikhoyo uya kukuthumela ngazo zonke iindidi zezifo nezithwakumbe, nditsho nezo zingaxelwanga kule ncwadi yomthetho; ke zona ziya kukutshabalalisa.

62Nokuba nande nada nayinyambalala enjengeenkwenkwezi ezisesibhaka-bhakeni, liqaqobana nje eliya kusinda, kuba kaloku ningamthobelanga uNdikhoyo uThixo wenu.

63Kwanjengokuba uNdikhoyo wayenemihlali ngani waza waninika inkqubela wanandisa, kuya kuba kwanjalo ukunivuthulula nokunitshabalalisa kwakhe. Niya kuncothulwa nifuduswe kweli lizwe ningena kulo ngoku.

64“UNdikhoyo uya kukusasaza ezizweni jikelele, ehlabathini liphela, apho ke uya kunqula oothixo abenziwe ngomthi nabenziwe ngamatye, thixo abo ungazange ubanqule ngaphambili, bengazange banqulwa ngooyihlo-mkhulu.

65Soze ufumane nzolo naphi naphi, ungasoze ufumane nandawo yakuphumla. UNdikhoyo uya kukubetha ngonxunguphalo, ukuphalala, nokuncama.

66Ubomi bakho buya kuhlala busemngciphekweni. Imini nobusuku uya kuhlala ududa luloyiko, usoloko uxhalele ukufa.

67Uya kuba liphakuphaku ngenxa yobubi obubonayo. Kuya kuthi kwakuba kusasa uthi: ‘Akwaba belitshona,’ uthi ke lakutshona: ‘Akwaba beliphuma.’

68UNdikhoyo uya kukubuyisela eJiputa ngeenqanawa, nangona nje ndandithe soze uphinde ubuyele khona. Apho ke uya kuzama ukuzithengisa kwiintshaba zakho, kodwa ke akukho bani uya kuze akuthenge.”

Uhlaziyo-Mnqophiso 29

Ukuhlaziywa komnqophiso eMowabhi

1Nantsi ke imiqathango yomnqophiso uNdikhoyo awayalela uMosis ukuba awenze namaSirayeli kwelaseMowabhi; yona ixhasa umnqophiso owenziwa nguNdikhoyo kwintaba iHorebhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2UMosis wawahlanganisa ndawonye amaSirayeli, waza wathetha nawo
wenjenje: “Nizibonele ngokwenu into eyenziwe nguNdikhoyo kukumkani
waseJiputa, nakumaphakathi akhe, nelizwe lakhe liphela.

3Nizibonile izibetho ezirhwaqelisayo, imiqondiso, nemimangaliso ayenzileyo
uNdikhoyo.

4Kanti unanamhla akaninikanga ingqondo yokuqiqa, namehlo okubona,
neendlebe zokuva.

5Kule minyaka ingamashumi amane ndinikhokela entlango, impahla yenu
yokunxiba, ngokunjalo neembadada zenu, azikhange ziguge.

6Beningenasonka nawayini natywala, kodwa uNdikhoyo unilungiselele, khon'
ukuze nimqonde ukuba unguNdikhoyo uThixo wenu.

7Sithe ke sakufika kulo mhlaba baphuma beza kusihlasela ookumkani uSihon
waseHeshbhon nokumkani uOgi waseBhashan.Kambe ke saboyisa.

8Umhlaba wabo ke sawuthimba, sawahlulela indlu kaRubhen nekaGadi
ngokunjalo nesiqingatha sakwaManase.

9Ngoko ke yithobeleni ngenyameko imiqathango yalo mnqophiso, khon'
ukuze nibe nempumelelo kuyo yonke into eniyenzayo.

10“Namhlanje ke nimi phambi koNdikhoyo uThixo wenu, nina xa ninonke –
iintloko zezindlu zakuni, amadoda amakhulu, amaphakathi namadoda
akwaSirayeli ephela,

11abafazi nabantwana benu, nabangeneleli abacanda iinkuni nabakha amanzi.

12Nilapha ke khon' ukuze nifungiswe nibopheleleke kumnqophiso
noNdikhoyo uThixo wenu,

13ukuze uNdikhoyo animisele nibe ngabantu bakhe ncakasana, yena ke abe
nguThixo wenu ngokwesithembiso sakhe nanjengoko wafungayo kooyihlo-
mkhulu, uAbraham noIsake noYakobi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Lo mnqophiso ke ngokunjalo nesi sifungo uNdikhoyo akasenzi nani kuphela,

15koko usenza nabo bonke, nabangekhoyo apha namhlanje, ngokunjalo nani nina nimi phambi kwakhe namhlanje.

16“Niyazi ukuba kwakunjani na kwelaseJiputa; futhi nisayikhumbula indlela esahamba ngayo sicanda kwimihlaba yezinye izizwe.

17Nayibona nemifanekiso engamasikizi eyenziwe ngomthi, amatye, isiliva, negolide.

18Lumkani ke hleze kubekho ndoda, mfazi, noba ngumzi, okanye isizwe kwezimi apha namhlanje, esiya kuthi simfulathele uNdikhoyo uThixo, sinqule oothixo beentlanga. Ze niqiniseke ingaze ibekho phakathi kwenu ingcambu eyityhefu evelisa iziqhamo ezikrakra.

19Xa umntu ololo hlobo athi akuyiva imiqathango yalo mnqophiso azikhohlise entliziyweni yakhe, athi: ‘Mna andinakuhlelwa nto; ndohlala eluxolweni noxa ndisenza ukuthanda kwam,’ into enjalo ingabangela ukuba kutshatyalaliswe konke nje, olungileyo nongendawo.

20Ewe, uNdikhoyo akayi kuba natarhu kumntu onjalo. Ndaweni yaloo nto uya kucaphuka, uvuthe umsindo wakhe, zize zithi neziqalekiso ezibhaliweyo apha kule ncwadi zimgubungele, ade ke uNdikhoyo amcime igama kwelimiweyo.

21UNdikhoyo uya kwenza umzekelo ngaye kuzo zonke izizwe zakwaSirayeli, amhlisele izithwakumbe ngokweziqalekiso zomnqophiso obhalwe kule ncwadi yomthetho wakhe.

22“Oonyana benu abaya kuvela emva kwenu, ngokunjalo neentlanga eziphuma kumazwe akude, ziya kusibona isithwakumbe nenkxwaleko ayihlisele ilizwe lenu uNdikhoyo.

23Umhlaba uya kubharha, wambathiswe yisulfure netyuwa. Awuyi kuvelisa nto; akuyi kuntshula nokhula olu lwembala. Elo lizwe liya kuba njengeSodom

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

neGomora, iAdama neZebhoyim, awathi ngenxa yengqumbo nomsindo wazitshabalalisa uNdikhoyo.

24“Zonke iintlanga ziya kubuza zithi: ‘Kwakutheni ukuze uNdikhoyo awenjenje lo mhlaba? Wayekhathazwe yintoni ade abe nomsindo kangaka?’

25Impendulo ke iya kuthi: ‘Kungenxa yokuba betyeshele umnqophiso ophakathi kwabo noNdikhoyo uThixo wooyise-mkhulu; mnqophiso lowo bângena kuwo ekubakhupheni kwakhe eJiputa.

26Basuke banqula thixo bambi ababengabazi ngaphambili, ababengavumelekile ukuba babanqule.

27UNdikhoyo ke wavutha ngumsindo, waza elo lizwe walihlisela ezi ziqalekiso zibhalwe apha kule ncwadi.

28Ewe, wakhathazeka gqitha, wabancothula ngomsindo kwelakowabo, wabafudusela kwilizwe lasemzini apho basekhoyo unanamhla.’

29“Kambe ke zona izinto ezifihlakeleyo zezikaNdikhoyo uThixo wethu, ukanti ke zona ezityhiliweyo ziya kusoloko zizezethu nabantwana bethu. Ngoko ke masiyithobele imiqathango yalo mthetho.”

Uhlaziyo-Mnqophiso 30

Intsikelelo yokubuyela kuNdikhoyo

1“Zakuba zifikile zonke ezi ntsikelelo endikuxelele ngazo, zaza zakuhlela neziqalekiso, kungenzeka ukuba uzithathele ingqalelo naphi na apho uNdikhoyo uThixo wakho athe wakusasaza khona phakathi kweentlanga.

2Kwakuba njalo ke, wena nabantwana bakho buyelani kuNdikhoyo uThixo wenu, nimthobele ngomxhelo wonke, nangomoya wenu uphela, ngokwale miyalelo ndikunika yona namhlanje.

3Wosuka ke yena uNdikhoyo uThixo wakho abe nemfesane ngakuwe, akubuyisele ubuncwane bakho. Uya kuniqokelela anibuyise kuloo mazwe anisasaze kuwo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Noba ningade nibe nisarhake naya kutsho empelazwe, yena uNdikhoyo
uThixo wenu uya kuniqokelela anibuyise,

5khon' ukuze anibuyisele kumhlaba wooyihlo, ube ngowenu. Ngelo thuba uya
kunithi jize ngengayiwayo yona inkqubela, futhi anandise ngokuthe kratya
kooyihlo-mkhulu.

6UNdikhoyo uThixo wakho uya kuyalùsa intliziyo yakho neentliziyo
zabazukulwana bakho, khon' ukuze nimthande ngomxhelo wonke nomoya
uphela, nidle ubomi.

7Ke zona ezi ziqalekiso uya kubetha ngazo iintshaba zakho, ezo
zazikutshutshisa,

8wena ke ubuyele ekumthobeleni nasekugcineni le miyalelo ndikunika yona
namhlanje.

9UNdikhoyo uThixo wakho uya kukupha intlutha kuko konke okwenzayo;
ùya kuphiwa inzala, ube nenyambalala yeenkomo, ngokunjalo namasimi
akho achume. Kuya kuba luvuyo kuNdikhoyo ukukunika intlutha,
kwanjengokuba kwakuluvuyo kuye ukwenjenjalo kooyihlo-mkhulu.

10Kambe ke kofuneka nilithobele ilizwi likaNdikhoyo uThixo wenu, nenze
ngokwale miyalelo nale mimiselo ibhalwe apha kule ncwadi yomthetho
wakhe. Ngenene kofuneka nibuyele kuye ngomxhelo wenu uphela.

11“Lo myalelo ndininika wona namhlanje ke, awunzima kakhulu, futhi
ungekho ngaphaya kwamandla enu.

12Awukho phezulu esibhakabhakeni, ukuba ningade nikhale, nithi: ‘Yaz'ba
ngubani na oya kunyuka aye esibhakabhakeni asithobele wona uze kuthi,
khon' ukuze sibe nokuwuva siwenze?’

13Kwangokunjalo awukho ngaphesheya kolwandle, ukuba ningade nikhale,
nithi: ‘Yaz'ba ngubani na oya kuwela ulwandle, awuthathe awusondeze kuthi,
ukuze siwuve siwenze?’

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Hayi khona, nakanye! Kaloku lo myalelo awukude kuwe: uthetha ngawo
qho, uyawuthanda, uwuthobela nokuwuthobela.

15“Uyabona ke, zikhethele namhlanje; bukho ubomi nokuhle, ngokunjalo
nokufa nobubi.

16Mna ndikuyalela namhlanje ukuba umthande uNdikhoyo uThixo wakho,
uhambe ngeendlela zakhe, uyithobele uyenze imiyalelo nemimiselo
nezithethe zakhe. Wakwenjenjalo uya kuphila wande, uNdikhoyo uThixo
wakho akuthamsanqele kwelo lizwe ungenela ukuya kuma kulo.

17“Kambe ke ukuba uthe wajika, wala ukuphulaphula, wawexulwa ngabanye
oothixo, wakhahlela kubo, wabanqula,

18ndiyakuxelela ngayo yona le mini ukuba inene uya kutshabalala. Awuyi
kuba nabomi bude kwelo lizwe liphesheya kweJordan ungenela ukuya kuma
kulo ngoku.

19Amazulu nehlabathi ayangqina namhlanje ukuba ndithi khetha phakathi
kobomi nokufa, naphakathi kweentsikelelo neziqalekiso. Kambe ke ndithi
kheth' ubomi, khon' ukuze uphile, wena nenzala yakho.

20Mthande uNdikhoyo uThixo wakho, uliphulaphule ilizwi lakhe, uthi nca
kuye. Kaloku nguye okunika ubomi noya kukolulela iminyaka kwelo lizwe
wabathembisa ngalo ngesifungo ooyihlo-mkhulu, uAbraham noIsake
noYakobi. ”

Uhlaziyo-Mnqophiso 31

UYoshuwa uthatha indawo kaMosis

1Waqhubela phambili uMosis ukuthetha nawo onke amaSirayeli,

2wathi: “Ngoku sendinekhulu mashumi mabini eminyaka. Andisenako
ukunikhokela. Kaloku uNdikhoyo wandazisa ukuba andiyi kuyiwela iJordan.

3NguNdikhoyo ngokwakhe oza kunikhokela niwele, azivuthulule zitshabalale
iintlanga zelaa lizwe, ukuze ke nina ningene nime kulo. Ngokomlomo
kaNdikhoyo nguYoshuwa oza kunikhokela niwele iJordan.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4UNdikhoyo uya kuzitshabalalisa ezo ntlanga kwanjengokuba wenzayo kookumkani bama-Amori, uSihon no-Ogi, awabatshabalalisayo kunye nomhlaba wabo.

5UNdikhoyo uza kuninceda nizoyise. Ngoko ke kufuneka niziphathe kanye ngale ndlela ndiniyalele yona.

6Qinani nikhaliphe, ningaxhali, ningabi nayo nedyudyu. Kaloku uNdikhoyo uThixo wenu ungakuni; soze arhoxe okanye anilahle."

7UMosis wabiza uYoshuwa, wathetha naye phambi kwawo onke amaSirayeli, wathi: "Qina ukhaliphe! Kaloku nguwe oza kukhokela aba bantu, uye kubadlisa ilifa labo kwelo lizwe uNdikhoyo wabathembisa ngalo ngesifungo ooyise-mkhulu.

8NguNdikhoyo ngokwakhe oza kunikhokela, ahambe nani. Soze arhoxe, engasoze anilahle; ngoko ke yomelelani ningoyiki."

Isiyalo mayela nokufundwa komthetho

9Lo mthetho ke uMosis wawubhala, wawunikezela kubabingeleli bakwaLevi ababejongene netyesi yomnqophiso kaNdikhoyo, ngokunjalo nakumadoda amakhulu akwaSirayeli.

10Wabayala wathi: "Njalo xa kuphela unyaka wesixhenxe, kusondela unyaka wokucinywa kwamatyala, lo mthetho mawufundwe kumsitho wamaphempe.

11Mawufundelwe amaSirayeli xa ewonke mhla eze kunqula uNdikhoyo uThixo wenu kuloo ndawo yalathwe nguye.

12Makuqokelelwe bonke abantu – amadoda, abafazi, nabantwana, ngokunjalo nabangeneleli abalapho phakathi kwenu – khon' ukuze bawuve, bafunde ukumhlonela uNdikhoyo uThixo wenu, bazithobele bazenze ngondileko iimfundiso zalo mthetho.

13Ngale ndlela ke nabantwana benu abangekawazi lo mthetho baya kuwuva. Ngoko ke baya kufunda ukumthobela bamhlonele uNdikhoyo uThixo wenu

© 1996 Bible Society of South Africa.

ngalo lonke ithuba nihleli kwelo lizwe niza kungena kulo phesheya kweJordan.”

Iziyalo zokugqibela zikaNdikhoyo kuMosis

14 UNdikhoyo wabhekisa kuMosis, wathi: “Ngoku sekumbovu ukuba ufe. Ngoko ke biza uYoshuwa, uye naye esibingelelweni, khon' ukuze ndimyale.” Ngenene ke uMosis noYoshuwa baya esibingelelweni,

15waza ke uNdikhoyo wazibonakalisa kubo ngomqulu welifu elisuka lime apho esangweni lesibingelelo.

16UNdikhoyo wathi kuMosis: “Wena uza kufa ngoku. Wakuba ufile, aba bantu baza kukreqa, bandilahle, banqule oothixo abanqulwa kwelo lizwe baza kuma kulo ngoku, bawutyeshele umnqophiso endawenza nabo.

17Yakwenzeka loo nto ndiya kuvutha ngumsindo, ndibalahle, ndibafulathele, batshabalale. Baya kuhlelwa ziinzingo bahlupheke. Ngaloo mini baya kuvakala besithi: ‘Kunje nje nje kungenx' enokuba uThixo wethu engasekho ngakuthi.’

18Inene, ngaloo mini ndiya kubafulathela ngenxa yabo bonke ababenzileyo ngokubhenela kwabanye oothixo.

19“Ngoko ke bhala le ngoma, uyifundise amaSirayeli, ayicule, ibe lingqina lomnqophiso wam kunye nawo.

20Kaloku ndiza kuwangenisa kuloo mhlaba wobisi nobusi ndathembisa ngawo ooyise-mkhulu. Akuxhamla loo ntlala-kahle osuka akreqe, anqule thixo bambi, andidele, awutyeshele umnqophiso wam.

21Kweso sithuba ke aya kuhlelwa yintlekele nentlupheko. Ke yona le ngoma iya kuba isaculwa sisizukulwana, ibe lingqina elidandalazisa isono samaSirayeli. Andithi na kaloku, kanye ngoku ndingekawangenisi nokuwangenisa kwelo lizwe ndawathembisa ngalo, sendiyibona imikhwa yawo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22Kwangaloo mini ke uMosis wayibhala ingoma leyo, wayifundisa amaSirayeli.

23UNdikhoyo ke wamyalela wenjenje noYoshuwa unyana kaNune: “Qina ukhaliphe, kuba nguwe oza kukhokela amaSirayeli, uye kuwangenisa kwelo lizwe ndawathembisa ngalo ngesifungo; ibe ke mna ndiza kuba nawe.”

24Ke kaloku uMosis wawabhala encwadini amazwi alo mthetho, akashiyelela nento le.

25Akuba egqibile ke wayalela ababingeleli babaLevi ababejongene netyesi yomnqophso kaNdikhoyo, wathi:

26“Thathani, nantsi ke incwadi yomthetho. Yibekeni ecaleni letyesi yomnqophiso kaNdikhoyo uThixo wenu, khon' ukuze ibe lingqina likaNdikhoyo ngamaSirayeli.

27Kaloku ndiyanazi ukuba nizizibhoja ezinenkani. Ngexesha lokudla kwam ubomi benivukelana naye uNdikhoyo; nobeka phi na ukumvukela xa ndingasekhoyo?

28Ngoko ke khanihlanganise amadoda amakhulu ezizwe zakowenu neenduna zenu, ukuze ndiwaxelele ezi zinto. Ndiza kubiza amazulu nehlabathi, ukuze andingqinele.

29Kaloku ndiyazi ukuba xa ndingasekho niya kuba ziinjubaqa, niphambuke kule ndlela ndiniyalele yona. Kananjalo ke, kumaxesha ezayo, niya kuhlelwa ziintlekele ngenxa yokuba nixhokonxa uNdikhoyo ngobubi bezithixo ezenziwe zizandla zenu.”

Umbongo kaMosis

30Ke kaloku uMosis yena wawucengceleza wonke lo mbongo, amaSirayeli wona ephulaphule:

Uhlaziyo-Mnqophiso 32

1Khanibek' iindlebe, mazulu, ndithethe; khawuthi cwaka, mhlab', uphulaphule.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Imfundiso yam iza kuchaphaza njengemvula, itshone njengombeth'
emhlabeni, amazwi am awe njengomkhumezelo phezu kohlaza, abe
njengomvimbi phezu kotyani.

3Kaloku ndiza kulibhengez' igama likaNdikhoyo; ke nina bubabazeni
ubukhulu bukaThixo wethu.

4YiNgxondorha emsebenz' ufezekileyo; iindlela zakhe bubulungisa bodwa;
uThixo othembekileyo enyanisekile, yena lilungisa elingenakumbi.

5Kambe ke nina nigwenxa, ngoko ke ngenxa yokubhatyaza kwenu aniselulo
usapho lwakhe, sizukulwanandini sigoso sinxaxhileyo!

6Ngani ukuba nimphathe kanj' uNdikhoyo, zidengendini zabantu
ezingaqiqiyo? Kaloku yena nguYihlo noMdali wenu; nguye owanenzayo waza
wanibonelela.

7Khanibuzise niqonde ngezamandulo; khaniphande nive ngezizukulwana
ezadlulayo. Amanyange wona aya kunibalisela; amadod' amakhulu aya
kunichubela.

8Xenikweni uPhezukonke wazabela ilifa izizwe; yena wabahlula-hlula
oonyana babantu, waza izizwe wazimisela imida yazo ngokobungakanani
boonyana bakaSirayeli.

9Ke yona inxaxheba kaNdikhoyo luhlanga lwakhe. Ewe, uYakobi sisabelo
sakhe.

10Wambhaqa kwimpengempenge yentlango, kwinkangala egxwala
amarhamncwa, waza wamchola, wampelesa, wamkhusel' okokhozo lweliso
lakhe,

11njengokhozi lukhusela amantshontsho alo, lundanda luwathwale ngaloo
maphiko alo, xa luwakhupha endlwini yalo.

12Ewe, uNdikhoyo wamkhokela yedwa kungekho thixo ungomnye
umncedisayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Wamqabelisa imimango enyukayo, wayixhamla imveliso yelizwe; watya
ubusi emaweni, waza umnquma wavelisa elulwalweni.

14Iimazi zeenkomo nezeebhokhwe yayiziintsengwanekazi; oozinkomo,
zibhokhwe, neegusha yayingamateke-teke, nditsho oku kweenkomo
zaseBhashan. Ingqolowa ingachum' iliphupha; asisathethi ke ngediliya naloo
wayini ingayiwayo.

15Kambe ke uYeshurun suka wahlutha wada wakhabalaza; ewe, wakhula
wakhukhumala wada waxhathisa. Waza ke wamfulathela uThixo adalwe
nguye, wayibukula eyona Ngxondorha imsindisayo.

16Wamkhweletisa ngokunqula izithixo; wamxhokonxa ngemikhwa
emanyumnyezi.

17Suka waxhelel' iindimoni ezingengoThixo; izithixo awayengazazi
ngaphambili, izinto ezingazange zinqulwe nangamanyange.

18Akayikhathalelanga eyona Ngxondorha aphuma kuyo; suka wamlibala
uThixo azelwe nguye.

19Waza ke yena uNdikhoyo wakruquka, exhokonkxwa ngoonyana neentombi
zakhe nje.

20Wathi: “Ubuso bam ndiza kubufihla, ndibone ukuba loba yintoni ikamva
labo; kuba basisizukulwana esigwenxa, abantwana abangathembekanga.

21Ngezi zithixo bayandikhweletisa; ngale mifanekiso bayandixhokonxa. Nam
ke ndobakhweletisa ngohlanga olungebantu bam; ndobaxhokonxa ngohlanga
olungenangqondo.

22Kaloku umsindo wam uvutha njengomlilo, udangazela kuye kuthi gaa
kwelabafileyo; utshisa umhlaba nemveliso yawo, ude ulenye neziseko
zeentaba.

23“Ndobahlisela ngemfumba yezibetho, iintolo zam ndizifohlele phezu kwabo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

24Baya kuthi shuu yindlala nephango, bacikidwe ngubhubhani nezifo-yifo, amarhamncwa abaqwenge ngezo ngxavula zawo, bathi nca bubuhlungu bezirhubuluzayo.

25Ezindleleni ikrele lishiy' izigede, nasemagumbini bankwantye barhwaqele. Abafana neentombi itshoba lilal' umbethe; iintsana neengwevu nazo zithi dwe.

26Ngendibatshabalalise kwathi tu, ababi sakhunjulwa naluluntu,

27nto nje kuthi qath' iintshaba zabo, hleze zigcolode zide zizincome, zithi namhla zibuye noloyiso, ukanti ikwandim obathe vithe-vithe."

28Kwezo ntshaba umqondo tu; kwabo bantu ingqondo ti!

29Ukuba nje bebelumkile ngebeyazi le nto, beliqonda nekamva labo.

30Iwaka lingaze loyiswe ngumntu omnye; ishumi lamawaka libalek' ababini, ukanti abaphoxwanga yiNgxondorha yabo, mhlawumbi bayekelwe nguNdikhoyo?

31Ingxondorha yezinye izizwe ayifani neyethu, nkqu neentshaba zethu ziyayiqonda loo nto.

32Kuba isidiliya sazo sesaseSodom; ngumdiliya wamasimi aseGomora. Idiliya yazo inetyhefu, izikhinkci zayo ziyakrakra.

33Eyazo iwayini bubuhlungu benyoka; ngengcwangu nqwa nobuhlungu bephimpi.

34"Kambe ke isiphelo sazo ndisasibambile; ndisasivalele koovimba bam.

35Ke yona impindezelo nokubuyekeza kokwam; ngokuhamba kwexesha zode zityibilike. Imini yazo isemnyango; izingqi zentshabalalo ziza zikhawulezile."

36Kaloku uNdikhoyo wobavelela abantu bakhe, avelane nazo izicaka zakhe, akuba eqonda ukuba baphelelwe, kungasekho mahluko phakathi kwenkosi nesicaka.

© 1996 Bible Society of South Africa.

37Wosuka ke athi: “Baphi ke abo thixo benu? Iye ngaphi kaloku ingxondorha yenu?

38Abo batye amanqatha amadini enu, baza basela neminikelo yewayini, mabeze kuninceda kaloku; mabavele kaloku, banikhusele.

39“Niyabona ke, ndim, ewe ndim ndedwa uThixo; akukho thixo wumbi ngaphandle kwam. Ndiyabulala, ndidlisa ubomi; ndiyenzakalisa, ndiyanyanga futhi; tu ohlangulayo esandleni sam.

40NdinguThixo ophilayo nje inene ndiyafunga, ndithi:

41‘Ndiza kulilol’ ikrele lam elidangazelayo; ndihlasele kutsho kuvele ubulungisa. Ke zona iintshaba zam ndozohlwaya, abandithiyileyo ndibaphindezele.

42Iintolo zam ziza kuxhaph' igazi; ikrele lam liza kudl' enyameni; nditsho igazi labaxatyelweyo nabathinjwa, nkqu negazi leentloko ezinesihlwitha zeentshaba.”

43Hoyina, zizwe, dumisani ngenxa yabantu bakaNdikhoyo! Kalok' uyalibuyekeza igazi lezicaka zakhe. Zidliwe yimpindezelo iintshaba zakhe; kambe ke uyazicamagushela izono zabantu bakhe nelizwe lakhe.

44Ke kaloku uMosis noYoshuwa unyana kaNune bawucengceleza wonke lo mbongo, khon' ukuze amaSirayeli awuve.

Umyolelo kaMosis

45Akuba ke egqibile uMosis ukuwathetha la mazwi kumaSirayeli

46wathi kuwo: “Wathatheleni ingqalelo onke la mazwi endiwabhekise kuni namhlanje. Ze niwayalele abantwana benu, khon' ukuze bafunde ukuyithobela ngenyameko yonke imfundiso yalo mthetho.

47Kaloku le mfundiso ayikuko ukulavuza nje, koko bubomi kuni. Ngoko ke yithobeleni niyenze, khon' ukuze nibe nokuma ixesha elide kwelo lizwe niya kulo phesheya kweJordan.”

48Kwangaloo mini uNdikhoyo wathetha noMosis, wathi:

© 1996 Bible Society of South Africa.

49“Yiya kwiintaba zeAbharim kwelaseMowabhi malunga neJeriko. Nyuka
intaba iNebho, ulibheke elo lizwe laseKanana ndiza kuwangenisa kulo
amaSirayeli.

50Wena ke uya kufela apho entabeni njengomkhuluwa wakho uAron owafela
kwintaba iHori.

51Kaloku nina nobabini naningathembekanga kum phakathi kwamaSirayeli.
Ewe, ngokuya naniseMeribha ngakwidolophu iKadeshe kwintlango iZin
nasithoba isidima sam phambi kwamaSirayeli.

52Ke wena elo lizwe uya kulibuka ukude; soze uye kungena kwelo lizwe
ndilinika amaSirayeli.”

Uhlaziyo-Mnqophiso 33

UMosis uthamsanqela amaSirayeli

1Phambi kokuba afe, uMosis, umfo wakwaThixo, amaSirayeli wawathi jize
ngezi zithamsanqeliso:

2“Kwintaba iSinayi gqi qhaphu uNdikhoyo; njengelanga wathi gqi kwaEdom.
Wabengezela evela kwiintaba zeParan; wavela enamawaka-waka ezithunywa
zakhe, kudangazela okomlilo ngasekunene kwakhe.

3Hayi ukubathanda kwakho abantu bakho! Ewe, uyabafumbatha bonke
abalibango lakho. Kungoko basuka bathi guqaqa ezinyaweni zakho,
bethobela umnwe wakho,

4mhla uMosis wabanika umthetho, olibango lebandla likaSirayeli.

5Wena Ndikhoyo waba ngukumkani kaYeshurun, zakuba zihlanganisene
iinkokheli zabantu, zakuba ziqukene izizwe zakwaSirayeli.”

6Wasuka ke uMosis wathetha ngoRubhen, wenjenje: “URubhen makahlal'
ehleli angaze atshitshe, nakuba engengakanani ngamanani.”

7NgoJuda wathi: “Kambe ke, wena Ndikhoyo, bek' iindlebe umphulaphule
uJuda, ubuye ummanye namawabo. Yena wazilwela ngezo zandla zakhe,
Ndikhoyo, ke ngoko msize ezintshabeni zakhe.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

8NgoLevi wathi: “Ndikhoyo, iiurim neethumim otyhila intando yakho ngazo,
zezentandane yakho uLevi, yena lowo wamvavanyayo eMasa, owabambana
naye emanzin' aseMeribha.

9Ngoyise nonina wathi: ‘Andiseva ngani.’ Ngabantakwabo wathi: ‘Andinazi.’
Ngabantwana bakhe wathi: ‘Andisenanto nani.’ Ewe, yena wanonophela
ilizwi lakho, wanyaniseka kumnqophiso wakho.

10Uya kufundisa uSirayeli imimiselo yakho, ayale abantu ngomyalelo wakho.
Uya kwenza isiqhumiso phambi kwakho, anikele namadini atshiswayo
eqongeni lakho.

11Ndikhoyo, nceda umthi jize ngokomelela, waneliseke ngumsebenzi
awenzayo. Ke bona abamvukelayo bavikive; abamthiyayo mabangaze babuye
bavele.”

12NgoBhenjamin wathi: “UNdikhoyo uyamthanda uBhenjamin; yena usoloko
emalusile. Uhlala ekhuselekile imini yonke; yena umi phantsi kwephiko
lakhe.”

13NgoJosefu wathi: “Ke lona ithamsanqa likaNdikhoyo likwaJosefu; umhlaba
wakhe mawunyakamiswe yimvula nangamanzi emithombo ampompoza
phantsi komhlaba.

14Ilanga nenyanga mazimchumise, ziwulize ngeyona-yona mveliso.

15Iintaba zamandulo mazivathe iziqhamo; iinduli zamhlamnene
maziphuphume imveliso.

16Umhlaba wakhe mawuvelise eyona-yona; uthamsanqelwe kukulunga
kukaNdikhoyo owayekho etyholweni elivuthayo. La mathamsanqa makavele
kwaJosefu, yena olitshawe phakathi kwabantakwabo.

17UJosefu nkunzi yakwabani ukomelela, emise okwenyathi – mpondo ezo
zizezamawaka akwaManase namashumi amawaka akwaEfrayim. Ngazo
uhlabanisela izizwe; ewe, nezo ziseziphelweni zehlabathi.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

18NgoZebhulon noIsakare wathi: “KwaZebhulon makube yimihlali ukucanda elwandle; kwaIsakare makube yimivuyo ukuhlala ekhaya.

19Izizwe bozimemela entabeni yabo, bawenzele apho amadini afanelekileyo. Bona bamfimfitha indyebo yaselwandle, ubutyebi babo babubhaqe elunxwemeni.”

20NgoGadi wathi: “Makabongwe owandisa uGadi. UGadi ubuthuma njengengonyama ukuze aqwenge ingalo noba lukhakhayi.

21Yena uzikhethela ezona-zona elizweni, kuba wabelwa inxaxheba yengqwayi-ngqwayi. Umela ubulungisa nemimiselo kaNdikhoyo, zakuba zihlanganisene iinkokheli zakwaSirayeli.”

22NgoDan wathi: “Ke yena uDan ligatyana lengonyama elithi tsi liphuma eBhashan.”

23NgoNafetali wathi: “Yena uNafetali wamkelekile; uphuphuma intsikelelo kaNdikhoyo. Ilifa lakhe lisuka elwandle lihle.”

24NgoAshere wathi: “UAshere yena unoyolo kunabo bonke; makabe yintandane kubantakwabo, umhlaba wakhe uchume ngumnquma.

25Imivalo yakhe mayibe yintsimbi nobhedu; angaze aswele mandla esaphila.”

26“Yeshurun, akakho onjengoThixo wakho, ophalisa isibhakabhaka eze kukusiza, ngobungangamsha bakhe aphalise amafu.

27Kwamandulo uThixo yena waba likhaya; waba soloko ekuxhasa ngezo ngalo zakhe. Iintshaba zakho waziswantsulisa, wathi: ‘Mazitshatyalaliswe!’

28Ngoko ke uSirayeli uhleli ngenzolo, umthombo kaYakobi uthe geqe, uthe gcobho kwelengqolowa newayini, apho izulu lifefeza umbethe.

29Hay' uyolo onalo wena, Sirayeli! Nguban' ongad' afike kuwe, sizwendini sasindiswa nguNdikhoyo, okwalikhakha nekrele lakho, okuhlanganiselayo akuthi jize ngoloyiso? Neentshaba zakho zitsho zikubongoze, wena uthimbe iindawo zazo eziphakamileyo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Uhlaziyo-Mnqophiso 34

Ukufa kukaMosis

1Ke kaloku uMosis wesuka kuloo mathafa aseMowabhi, wenyuka intaba
iNebho, waya kutsho kuloo ncopho kuthiwa yiPisga imalunga neJeriko.
Wathi elapho ke uNdikhoyo wambonisa lonke elo lizwe: ummandla
waseGiliyadi ukunyuka ukuya kutsho kwaDan;

2nawo wonke umhlaba wakwaNafetali; imimandla yakwaEfrayim
nakwaManase, nowakwaJuda ukuya kuthi xhaxhe ngolwandle;

3ngokunjalo namazantsi akwaJuda; neso sithabazi samathafa ukusuka
eZoware ukuya kuma ngeJeriko isixeko samasundu.

4UNdikhoyo wathi kuMosis: “Nanko ke umhlaba endathembisa ngawo
ngesifungo uAbraham, uIsake, noYakobi, ndisithi ndakuze ndiwunike
abazukulwana babo. Ndifuna uwubone nje, kuba wena ngokwakho
awuzukuya kungena kuwo.”

5Ngenene ke uMosis isicaka sikaNdikhoyo wafela apho kumhlaba
waseMowabhi ngokomlomo kaNdikhoyo.

6UNdikhoyo wamngcwaba apho kwiintili zaseMowabhi malunga nedolophu
iBhete-pehore. Kambe ke akukho bani uyazi ncam indawo elikuyo ingcwaba
lakhe unanamhla.

7Ukufa kwakhe uMosis wayenekhulu elinamashumi amabini eminyaka,
kodwa esomelele, engabikwa hlaba, namehlo akhe engekabi nalo norhatyazo.

8AmaSirayeli amzilela iintsuku ezimashumi mathathu apho kuloo mathafa
aseMowabhi. Zaba ke zifezekile iintsuku zokuzila.

9UYoshuwa unyana kaNune wazaliswa bubulumko nokuqonda, kuba kaloku
uMosis wambeka izandla emngenisa ezihlangwini zakhe. NamaSirayeli ke
amthobela uYoshuwa, enza ngokwemiyalelo eyanikwa uMosis nguNdikhoyo.

10KwaSirayeli ke akuphindanga kuvele mshumayeli unjengoMosis, owazana
noNdikhoyo ubuso ngobuso.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Akukho mshumayeli wumbi wakha wenza imiqondiso nemimangaliso
enjengaleyo uMosis wayethunywa nguNdikhoyo ukuba ayenze kwelaseJiputa
kukumkani wakhonanamaphakathi akhe,

12kungekho namshumayeli wakha wabonakalisa imisebenzi yamandla
ngendlela erhwaqelisa njengaleyo wasebenza ngayo uMosis phakathi
kwamaSirayeli jikelele.

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

UYoshuwa

UYoshuwa 1

UYoshuwa uyálelwa ukuba athimbe iKanana

1Akuba ebhubhile uMosis, isicaka sikaNdikhoyo, uNdikhoyo wabhekisa
kuYoshuwa unyana kaNune owayesisandla sikaMosis,

2wathi: “UMosis, isicaka sam, ubhubhile. Ke wena namaSirayeli ephela
wuweleni umlambo iJordan, niye kwelo lizwe ndininika lona.

3Indawo nganye eniya kunyathela kuyo ndininika yona njengoko
ndamthembisayo uMosis.

4Imida yenu yosuka ezantsi entlango, iye kuma ngeentaba zaseLebhanon
emantla, isuke empumalanga kumlambo iEfrati, ibandakanye ummandla
wamaHeti, iye kuthi gaa ngolwandle entshonalanga.

5Akukho namnye uya kumelana nawe yonke imihla yokudla kwakho
ubomi. Ndiya kuhlala ndisecaleni kwakho njengoko bendenjenjalo
nakuMosis. Andiyi kukuyekela; andiyi kukushiya.

6Yomelela, ukhaliphe, kuba uza kubangenisa aba bantu kweli lizwe
endithembise ooyise-mkhulu ngesifungo ukuba loba lilifa labo.

7Yomelela ke, ukhaliphe kunene! Uze unyamekele ukuwuthobela wonke
umthetho owuwiselwe nguMosis isicaka sam. Khon' ukuze ube nempumelelo
naphi na apho uya khona, ungàze uphambuke kuwo nakancinane.

8Kufuneka incwadi yomthetho ikukhokele kuyo yonke into oyithethayo. Uze
uyifunde uyigocagoce ubusuku nemini, uzazi uzithobele izinto ezibhaliweyo
kuyo. Xa wenjenjalo woba nenkqubela nempumelelo.

9Kaloku ndim okuyalelayo. Yomelela ke, ukhaliphe. Uze ungoyiki unkwantye;
kaloku mna Ndikhoyo Thixo wakho ndiya kusoloko ndisecaleni kwakho
naphi na apho unyathela khona.”

UYoshuwa uxelela abantu ukuba mabazilungiselele

10UYoshuwa uyalele iinduna zakhe, wathi:

© 1996 Bible Society of South Africa.

11“Tyhutyhani umzi, nixelele amaSirayeli ukuba alungise umphako wendlela,
kuba kuza kuhanjwa emva kweentsuku ezintathu, kuwelwe iJordan,
kuthinjwe ilizwe enilinikwe nguNdikhoyo uThixo wenu ukuze libe lelenu.”

12UYoshuwa wathetha nesizwe sakwaRubhen nesakwaGadi nenxalenye
yesizwe sakwaManase, wathi:

13“Ze nikhumbule ukuba uMosis, isicaka sikaNdikhoyo, wathi uNdikhoyo
uThixo wenu uninika lo mhlaba ungasempumalanga kweJordan ukuba ube
ngowenu, niphumle kuwo.

14Abafazi benu nabantwana nemfuyo banokusala ngasempuma kweJordan,
kodwa amadoda omkhosi kufuneka axhobe, awele kuqala kunamanye
amaSirayeli, aye kuwanceda

15ade awuthimbe umhlaba ongasentshonalanga yeJordan awunikwe
nguNdikhoyo uThixo wenu ukuze ube ngowawo aphumle kuwo. Kuya kuthi
ke akuba nendawo yokuphumla eyeyawo njengani, nani nibuyele emakhaya
kumhlaba ongasempumalanga kweJordan eniwabelwe nguMosis isicaka
sikaNdikhoyo.”

16Bathi kuYoshuwa: “Soyenza yonke into osiyalele ukuba siyenze, siye naphi
na apho uthi masiye khona.

17Sokuthobela kanye ngalaa ndlela sasithobela uMosis ngayo. Akwaba
uNdikhoyo uThixo wakunceda njengoko wamncedayo uMosis.

18Nabani na ophikisana nawe, angawathobeli amazwi akho, angenzi nantoni
na usiyalelayo, wobulawa. Nto nje yomelela wena, ukhaliphe!”

UYoshuwa 2

UYoshuwa uthumela iintlola eJeriko

1Emva koko ke uYoshuwa into kaNune wathumela ngasekhusini iintlola
zambini zisuka apho babekhulule khona eShitim, wathi: “Hambani niye
kuhlola ilizwe laseKanana, ngokukodwa idolophu iJeriko.” Esukile ke loo
madoda aya kungena kumzi wehenyukazi uRahabhi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Ukumkani waseJeriko waxelelwa kwathiwa: “Kukho amaSirayeli afikileyo ngobu busuku, eze kuhlola eli lizwe.”

3Ukumkani wathumela izigidimi kuRahabhi esithi: “Wakhuphe loo madoda asendlwini yakho, kuba aze kuhlola ilizwe lonke.”

4-6URahabhi waphendula wathi: “Ewe, ebekho amadoda ebefikile apha kwam, phofu andiwazi ukuba abe evela phi na. Kambe ke ahambe ukutshona kwelanga, kungekavalwa namasango edolophu le. Andikhange ndibuze apho aya khona, kodwa ukuba niyawasukela ningawafumana.” (Ethetha le nto nje uRahabhi ezo ntlola wayezifihle phezu kwendlu, zingaphantsi komqhaphu owawubekwe apho.)

7Ahamba ke loo madoda ngendlela eya kumazibuko eJordan, esukela iintlola ezo. Avalwa kwangoko amasango.

8Ngaphambi kokuba zilale ezo ntlola, uRahabhi waya kuzo phezu kwendlu,

9wafika wathi: “Ndiyazi ukuba uNdikhoyo ulinike nina eli lizwe. Bonke abemi beli lizwe bayankwantya nini; boyika ngokokude baphelelwe ngamandla.

10Sayiva nento yokuba uNdikhoyo walomisa uLwandle oluBomvu ukuba niwele ukunduluka kwenu eJiputa. Saziva neendaba zokubatshabalalisa tu kwenu ooSihon no-Ogi iikumkani zama-Amori ezazimi kwelaa cala lingasempumalanga yeJordan.

11Soyika kakhulu ukuvakala kwezo ndaba, sonke apha satsho saphelelwa ngamandla. UNdikhoyo uThixo wenu nguye olawula emazulwini nalapha emhlabeni.

12Ngoku ke khanifunge ngegama lakhe ukuba nobenzela inceba abantu basekhaya njengoko nam ndinenzele inceba, nindinike nomqondiso oqinisekileyo.

13Ndithembiseni ukuba nomsindisa utata, nomama, nabantakwethu, noodadethu, kunye neentsapho zabo, singàbulawa thina.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Athi loo madoda: “Ubomi bethu sibuthenga ngobenu. Ukuba wena akuyithethanga mntwini le nto sihambele yona apha kweli lizwe, siyathembisa ukuba sonenzela inceba xa uNdikhoyo esinikezela lo mhlaba.”

15Indlu kaRahabhi yayiseludongeni olubiyele idolophu. Wawakhupha ngefestile ke loo madoda, ehla ngentambo.

16Wathi: “Ze niye kuzimela ezintabeni, ningabonwa ngamadoda athunywe ngukumkani. Ze nihlale apho iintsuku ezintathu, de loo madoda abuye, nandule ke nina ukugoduka.”

17Zathi iintlola kuRahabhi: “Asiyi kuba natyala lokungasigcini isifungo osifungise sona ukuba akukwenzanga oku:

18xa singena kweli lizwe kufuneka ubophelele lo msonto ubomvu kule festile usikhuphe ngayo. Kufuneka uze noyihlo nonyoko nabantakwenu, nabo bonke abantu bakowenu, ubahlanganisele endlwini yakho.

19Ukuba ngaba kubekho mntu uphumela ngaphandle kule ndlu, aze abulawe, lityala lakhe. Kanti ke xa kwenzakaliswe umntu esendlwini yakho, ityala loba lelethu.

20Ukuba uyixelele nabani na into esizele yona, thina asiyi kuba natyala ngokungasigcini esi sifungo.”

21Wavuma uRahabhi, wawandulula. Akuba ehambile, wabophelela loo msonto ubomvu efestileni.

22Ezo ntlola zabaleka, zaya kuzimela ezintabeni, zahlala apho iintsuku ezintathu. Amadoda ayethunywe ngukumkani azikhangela kulo lonke ngasendleleni engazifumani, ada ancama abuyela eJeriko.

23Zehla ke entabeni iintlola, zawuwela umlambo, zabuyela kuYoshuwa, zamxelela konke okwehlayo kuhambo lwazo,

24zathi: “Inene, uNdikhoyo elaa lizwe lonke ulinikezela kuthi, yaye abantu balapho bonke baphelelwe ngamandla ngenxa yokoyika.”

UYoshuwa 3

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

AmaSirayeli awela iJordan

1Ngengomso uYoshuwa namaSirayeli ephela bavuka xa kumpondo zankomo,
banduluka eShitim, baya kuma phezu kweJordan lo gama balinde ukuwela.

2Emva kweentsuku ezintathu iinduna zajikeleza esikhululweni,

3ziyalela abantu zisithi: “Xa nibona ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo uThixo
wenu kunye nababingeleli abangabaLevi abayithweleyo, ze niphakame,
niphume, nilandele.

4Kaloku niza kuhamba ngendlela eningazange niyihambe ngaphambili; kuya
kufuneka ke nilandele ababingeleli. Kodwa kufuneka ningasondeli kwityesi
yomnqophiso. Ze kubekho umgama omalunga nekhilomitha enye phakathi
kwayo nani.”

5UYoshuwa ke wathi ebantwini: “Zihlambululeni, kuba ngomso uNdikhoyo
uza kwenza imimangaliso phakathi kwenu.”

6Waza wabhekisa kubabingeleli wathi: “Thwalani ityesi yomnqophiso niwele,
baze abantu balandele.” Benjenjalo ke ababingeleli.

7Wathi uNdikhoyo kuYoshuwa: “Into endiza kuyenza namhlanje iya
kukwenza utsho uhlonipheke kumaSirayeli, aqonde ukuba ndinawe
nanjengoMosis.

8Yithi kubabingeleli abathwele ityesi yomnqophiso ze bathi bakufika
emlanjeni iJordan, bangene beme enyeleni.”

9UYoshuwa wabiza amaSirayeli wathi: “Sondelani nize kuva amazwi
athethwe nguNdikhoyo uThixo wenu.

10Noqonda ngale nto ukuba uThixo ophilayo ukho phakathi kwenu: nguye
oya kuwaswantsulisa amaKanana, amaHeti, amaHivi, amaPerezi
namaGirgashi, ama-Amori kunye namaJebhusi.

11Niyabona, ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo, iNkosi yehlabathi liphela, yiyo
enandulelayo ukuwela iJordan.

© 1996 Bible Society of South Africa.

12Khethani ishumi elinambini lamadoda kwizizwe zakwaSirayeli, ibe nye
kwisizwe ngasinye.

13Bakuthi cakatha emanzini ababingeleli abathwele ityesi yomnqophiso
kaNdikhoyo, iNkosi yehlabathi liphela, umlambo iJordan uya kuma,
ahlanganiselane ndawonye amanzi avela ngentla."

14-15Yayilixesha lokuvuna, umlambo uzele, uphuphuma. Ukunduluka
kwamaSirayeli ukuya kuwela iJordan, ababingeleli babewakhokele, bethwele
ityesi yomnqophiso. Kuthe nje ukuba bathi cakatha emlanjeni,

16ema amanzi avela ngentla, ahlanganiselana ada aya kutsho eAdam,
idolophu emelene neZaretan. Amanzi ahlayo ukusinga kuLwandle oluFileyo
anqamka, baza ke abantu bawelela kufuphi neJeriko.

17Lo gama abantu bakwaSirayeli bawelayo behamba kumhlaba owomileyo,
ababingeleli ababethwele ityesi yomnqophiso babemi zinzi kumhlaba
owomileyo apho esizikithini somlambo iJordan, bada bawela baphelela
abantu.

UYoshuwa 4

Ukumiswa kwamatye esikhumbuzo

1Lakuba luwele lwaphelela uhlanga lwamaSirayeli, uNdikhoyo wathi
kuYoshuwa:

2"Tyumba amadoda abe lishumi elinambini, ibe nye kwisizwe ngasinye.

3Yithi makathathe ishumi elinambini lamatye kulaa ndawo bekume zinzi
kuyo ababingeleli esazulwini seJordan, awathwale loo matye, aze awabeke
apho kuya kuba kukhululwe khona ngokuhlwa namhlanje."

4UYoshuwa wawabiza loo madoda alishumi elinambini awatyumbileyo
kwisizwe ngasinye,

5wathi: "Ngenani emlanjeni iJordan, nigqithe kwityesi yomnqophiso kaThixo
uNdikhoyo, ize indoda nganye ixwaye ilitye eliza kumela isizwe ngasinye
samaSirayeli."

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6Watsho esithi: “La matye ngumqondiso kumaSirayeli ngazo zonke iziganeko
zikaNdikhoyo. Xa bebuza ngomso abantwana benu besithi: ‘Ngawantoni na la
matye?’

7nobaxelela ukuba ngamhla ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo yayiwela
umlambo, ema amanzi, ahlanganiselana eJordan. La matye ohlala
esisikhumbuzo kumaSirayeli sesiganeko esehla kule ndawo.”

8AmaSirayeli enza ngokomyalelo kaYoshuwa. Awakhetha amatye alishumi
elinambini emlanjeni iJordan ngokomlomo kaNdikhoyo kuYoshuwa, lalinye
kwisizwe ngasinye, awasa kulaa ndawo kwakuza kukhululwa kuyo ngaloo
mhla.

9UYoshuwa yena wabeka amanye amatye alishumi elinambini kulaa ndawo
kwakumi kuyo ababingeleli ababethwele ityesi yomnqophiso, phakathi
emlanjeni iJordan. (Aselapho unanamhla loo matye.)

10Ababingeleli bema njalo emlanjeni iJordan kwada kwagqitywa yonke into
ekwakuthiwe kuYoshuwa mayenziwe ngabantu. Zizinto ezaziyalelwe
nguMosis zonke ezo. Abantu bakhawuleza ukuwela umlambo.

11Bakuba bewele bonke, ityesi yomnqophiso yawezwa ngababingeleli, abantu
bejongile.

12Amadoda esizwe sakwaRubhen nesakwaGadi, kunye nenxalenye yesizwe
sakwaManase, awela kuqala kunabo bonke abantu, exhobile, njengoko
wayetshilo kuwo uMosis.

13Kwawela amashumi mane amawaka amadoda axhobele idabi, aya kutsho
kwezo ntili zeJeriko, ekhatshwa nguNdikhoyo.

14Into eyenziwa nguNdikhoyo ngalo mhla yatsho amaSirayeli amhlonela
uYoshuwa. Amhlonela bonke ubomi bakhe njengoko amhlonelayo uMosis.

15UNdikhoyo wathi kuYoshuwa:

16“Xelela ababingeleli abathwele ityesi yomnqophiso ukuba baphume
emlanjeni.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Wenjenjalo ke uYoshuwa,

18bathi bakuba bewelile, wabuya wazala, waphuphuma kwakhona umlambo.

19AmaSirayeli ayiwela iJordan ngomhla weshumi kwinyanga yokuqala, afika amisa iintente eGiligali engasempumalanga yeJeriko.

20UYoshuwa wawamisa apho eGiligali laa matye alishumi linambini ayethathwe eJordan.

21Wathi kumaSirayeli: “Xa bathe abantwana benu babuza kuni, boyise, besithi: ‘Ngawantoni na la matye?’

22ze nibabalisele nithi: ‘AmaSirayeli ayiwela le Jordan ehamba emhlabeni owomileyo.’

23Kaloku uNdikhoyo uThixo wenu wawanqumamisa amanzi eJordan, khon' ukuze niwele umlambo womile, kanye ngalaa ndlela womisa ngayo amanzi oLwandle oluBomvu khon' ukuze siwele.

24Loo nto ke iya kwenza ukuba bonke abemi belizwe bawaqonde amandla kaNdikhoyo uThixo wenu, nani nimoyike ngalo lonke ixesha.”

UYoshuwa 5

1Zonke iikumkani zama-Amori ngasentshonalanga kweJordan, nazo zonke ezamaKanana ezigudle ulwandle, zeva ngesiganeko esenziwa nguNdikhoyo sokomisa iJordan ada awela onke amaSirayeli. Zankwantya, zaphelelwa ngamandla ngenxa yamaSirayeli.

Ulwaluko eGiligali

2Ngelo xesha uNdikhoyo wathi kuYoshuwa: “Sebenzisa iintshengeca zelitye lenyengane, uwaluse amaSirayeli angolukanga.”

3Wenjenjalo ke uYoshuwa, wawalusela endaweni ekuthiwa yiNduli yeNyama yoKwaluswa.

4-6Ukumka kwamaSirayeli eJiputa onke amakhwenkwe ayesele alukile. Kodwa ke kuthe ngenxa yokubhadula entlango amashumi amane eminyaka

© 1996 Bible Society of South Africa.

akwabikho thuba lakwalusa nkwenkwe. Kanti ke onke amadoda ayeselekwixabiso lokuya emfazweni ukufuduka kwabo eJiputa ayeselebhubhile ngenxa yokungamthobeli uNdikhoyo. Njengoko watshoyo kooyise-mkhulu uNdikhoyo akazange awavumele alibone ilizwe laseKanana eliphuphuma ubisi nobusi.

7Oonyana uNdikhoyo awabakhulisa endaweni yooyise ngabo aba awabalusayo ngoku uYoshuwa, kuba kaloku babengazange boluka.

8Akuba alusiwe ke onke, ahlala esikhululweni ada aphila loo madoda.

9UNdikhoyo wathi kuYoshuwa: “Namhlanje ndilisusile kuni ihlazo lokuba ngamakhoboka aseJiputa.” Yiyo ke loo nto loo ndawo kwathiwa ukubizwa kwayo yiGiligali, igama esabizwa ngalo.

10Ngexesha amaSirayeli ayeseseGiligali entilini yaseJeriko, enza umsitho wePasika ngokuhlwa komhla weshumi elinesine waloo nyanga.

11Ngomhla olandelayo ayeqala ukutya ukutya kwaseKanana, agcada ingqolowa, enza nezonka ezingenagwele.

12 Imana yaphela ngengomso,akaphinda ayifumana amaSirayeli, aza ngaloo nyaka atya ukutya okuveliswe yiKanana.

UYoshuwa nomfo ophethe ikrele

13Xa wayeselapho ngaseJeriko uYoshuwa, wagagana nomfo ophethe ikrele. Waya kuye uYoshuwa, wafika wathi: “Ngaba ungakuthi, okanye ulutshaba?”

14“Nakanye, ndikho nje mna ndiyingqwayi-ngqwayi yomkhosi kaNdikhoyo,” utshilo lo mfo. Wazikhahlela phantsi uYoshuwa, wathi: “Mhlekazi, mna ke ndisisicaka sakho; ufuna ndenze ntoni?”

15Yathi loo ngqwayi-ngqwayi yomkhosi kaNdikhoyo: “Khulula iimbadada zakho ezo. Lo mhlaba umi kuwo ngumhlaba ongcwele.” Wenjenjalo ke uYoshuwa.

UYoshuwa 6

Ukudilika kweendonga zeJeriko

© 1996 Bible Society of South Africa.

1Amasango eJeriko ayevalwe mba ukuze amaSirayeli angabi nako ukungena.
Kwakungekho mntu uphumayo nongenayo kweso sixeko.

2 UNdikhoyo wathi kuYoshuwa: “IJeriko ndiyinikela kuwe, kunye nokumkani
wayo, kwakunye namagorha ayo.

3Wena ke kunye nomkhosi wakho kufuneka niyijikeleze kanye ngemini
iintsuku zibe ntandathu.

4Kufuneka ababingeleli babe sixhenxe, elowo ephethe isigodlo, bahambe
ngaphambi kwetyesi yomnqophiso. Ngosuku lwesixhenxe kufuneka wena
nomkhosi wakho nisijikeleze kasixhenxe isixeko, ababingeleli bona bavuthele
izigodlo.

5Kuya kuthi ke xa bevuthela isandi eside ababingeleli, nihlabe umkhosi,
nimemeze, zidilike iindonga zeJeriko. Wandule ke ukungena macal' onke
ngaphakathi kwesixeko wonke umkhosi.”

6UYoshuwa wababiza ababingeleli, wathi kubo: “Thathani ityesi
yomnqophiso kaNdikhoyo, baze abasixhenxe kuni bahambe ngaphambi
kwayo, bephethe izigodlo.”

7Waza ke wayalela umkhosi wakhe ukuba ujikeleze isixeko, amanye amadoda
axhobileyo ahambe ngaphambi kwetyesi yomnqophiso kaNdikhoyo.

8Kwathi uYoshuwa esathetha njalo beza phambili abo babingeleli basixhenxe
bephethe izigodlo ezisixhenxe, bazivuthela, baza balandelwa yityesi
yomnqophiso kaNdikhoyo.

9Ibutho lamadoda axhobileyo lahamba phambi kwabababingeleli
ababevuthela izigodlo, elinye ibutho lalandela ityesi yomnqophiso. Wonke
loo gama izigodlo bezihlokoma.

10UYoshuwa wawayalela amadoda akhe wathi: “Ze ningahlabi mkhosi,
ningakhwazi. Ewe, ze ningakhe nilinge niyivule imilomo yenu, ide ibe lolo
suku niya kuyalelwa ndim.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11Loo madoda ke ajikeleza isixeko kwakanye, ehamba netyesi yomnqophiso
kaNdikhoyo, aza abuyela esikhululweni, alala.

12Ngengomso uYoshuwa wavuka kwangentseni, nababingeleli baphinda
bayithwala ityesi yomnqophiso njengezolo.

13Kwahamba amadoda axhobileyo ngaphambili, kwalandela ababingeleli
abavuthela izigodlo abasixhenxe, kweza ababingeleli abathwele ityesi
yomnqophiso kaNdikhoyo, kwaza ekugqibeleni yangamadoda axhobileyo.

14Ngolu suku lwesibini basijikeleza kanye isixeko, baza babuyela
kwasesikhululweni. Loo nto bayenza iintsuku zantandathu.

15Ngosuku lwesixhenxe bavuka kwangomsobomvu, baza basijikeleza
kasixhenxe isixeko, kwanjengalaa ndlela babenze ngayo. Ewe, ngale imini
baphindelela kwada kwasixhenxe ukusijikeleza.

16Ngesihlandlo sesixhenxe, xa ababingeleli babevuthela izigodlo, uYoshuwa
wathi kumadoda akhe: “Ze nihlabe umkhosi, nimemeze, kuba uNdikhoyo
usinikile esi sixeko!

17Isixeko, nayo yonke into ekuso, kufuneka zitshatyalaliswe mpela, zibe
ngumnikelo kuNdikhoyo ngomlilo. NguRahabhi ihenyukazi yedwa kunye
nabantu bakowabo amabasindiswe, kuba yena wazifihla iintlola zethu.

18Ze ningathathi nto ekufuneka itshatyalaliswe; xa nenjenjalo nozibizela
intshabalalo ngokunokwenu, nihlisele amaSirayeli ishwangusha xa ewonke.

19Yonke into eyenziwe ngesiliva, negolide, nobhedu, okanye ngentsimbi,
mayahlulelwe uNdikhoyo. Kufuneka ifakwe koovimba bakaNdikhoyo.”

20Bazivuthela izigodlo ababingeleli. Athi akuziva amadoda, ahlaba umkhosi
ememeza, zadilika iindonga! Wasuka umkhosi waya ngqo esixekweni, wafika
wasithimba.

21Asenza umnikelo kuNdikhoyo isixeko, afaka ikrele umntu wonke, abulala
amadoda nabafazi, abatsha nabadala. Abulala iinkomo, iigusha, kunye
needonki.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22UYoshuwa wathi la madoda mabini ayeziintlola makaye kwaRahabhi, eze naye nabantu bakowabo, njengoko ayethembisile.

23Aya ke, abuya naye uRahabhi, kunye noyise, nonina, nabantakwabo, kunye nabo bonke abantu bakowabo. Bathatha wonke loo mzi uphela, babahlalisa ngakwisikhululo samaSirayeli.

24Bantumeka umlilo kweso sixeko, satsha nqu, kunye nento yonke eyayilapho. Igolide, nesiliva, nezinto zobhedu, nentsimbi, bazithatha bazisa koovimba bakaNdikhoyo.

25Kodwa uYoshuwa wabasindisa ooRahabhi nabantu bakowabo, yaye uRahabhi usekho kwaSirayeli unanamhla, kuba wafihla iintlola ezazithunyelwe eJeriko nguYoshuwa.

26UYoshuwa wafunga wathi: “Uqalekisiwe nguNdikhoyo umntu ovusa esi sixeko saseJeriko. Akubeka isiseko saso woswelekelwa lizibulo lakhe. Akuvusa amasango aso woswelekelwa nguntondo wakhe. ”

27UNdikhoyo waba noYoshuwa, lwavakala kulo lonke udumo lwakhe.

UYoshuwa 7

Isono sika-Akana

1Akazange athembeke amaSirayeli kumyalelo kaNdikhoyo wokuba angathathi nto kufuneka itshatyalalisiwe eJeriko. Umfo owawudelayo loo myalelo nguAkana, unyana kaKarmi, umzukulwana kaZabhediwakwaZera wesizwe sakwaJuda. Loo nto yawuvuthisa umsindo kaNdikhoyo ngakumaSirayeli.

2UYoshuwa wathumela amadoda asuka eJeriko esiya eAyi, idolophu eyayingasempumalanga yeBhetele, imelene neBhetaven, ukuba aye kuhlola elo lizwe. Aya ke, ayihlola iAyi,

3abuya athi kuYoshuwa: “Akukho mfuneko yakusa wonke umkhosi eAyi. Makuye nokuba ngamawaka amabini okanye amathathu amadoda. Noko abantu baseAyi bambalwa.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Hayi ke, kwaphuma amawaka amathathu ukuya kuhlasela iAyi, kodwa asuka aswantsuliswa.

5Amadoda aseAyi awajika emasangweni edolophu loo madoda, awaleqa ewahlisa induli ukuya kutsho ezixhotyeni, abulala amashumi amathathu anantandathu. AmaSirayeli atyhafa, ankwantya kukoyika.

6UYoshuwa kunye namadoda amakhulu bazikrazula izambatho zabo, bazikhahlela phantsi ngaphambi kwetyesi yomnqophiso kaNdikhoyo, bahlala benjenjalo kwada kwahlwa. Babezigalele nangothuli entloko, bebonakalisa intlungu ababenayo.

7UYoshuwa wakhala wathi: “Ndikhoyo, Mhlekazi, wawusiwezela ntoni ke kambe eJordan? Wawufuna ukuza kusitshabalalisa ngala ma-Amori? Akwaba sasisuke sahlala ngaphesheya kweJordan kwaba kanye!

8Ndikhoyo, ndiza kuthini ngoku esuke aswantsuliswa nje amaSirayeli ziintshaba zawo?

9Akuyiva le nto amaKanana kunye nabemi beli lizwe, baza kuza bonke, basicime igama. Ke wena, uza kuthini ngegama lakho elidume kangaka?”

10Wathi kuYoshuwa uNdikhoyo: “Yoshuwa, vuka; uqubudele ntoni kuloo ndawo?

11AmaSirayeli enze isono! Awaphule umnqophiso wam, awugqitha umyalelo ebendiwanike wona, athatha ezinye izinto kwebekufuneka zitshatyalaliswe mpela. Azibile, aza axoka nokuxoka, azifihla phakathi kwezinto zawo.

12Yiyo ke loo nto engenakumelana notshaba nje amaSirayeli. Ebaleka nje kungenxa yokuba nawo emelwe kukutshabalala! Andikubuya ndibe phakathi kwenu nide nibe nizitshabalalisile izinto ebekufuneka zitshatyalaliswe.

13“Phakama ke, ubahlambulule abantu. Yithi kubo mabazihlambulule ngenxa yokuya kwenzeka ngomso, kuba mna Ndikhoyo, Thixo wamaSirayeli, ndithi kubo: ‘Phakathi kwenu kukho oko bekumelwe kukunikelwa kum

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ngokutshatyalaliswa. Anisoze nibe nakumelana notshaba de nahlukane nezo zinto.’

14“Baxelele ke ukuba ngomso kusasa baza kubizwa ngokwezizwe zabo. Eso sizwe salathiweyo nguNdikhoyo kufuneka size ngaphambili ngokwezindlu zaso, ize indlu eyalathiweyo ize ngaphambili ngokomzi, kuze kumzi owalathiweyo kuphume indoda nganye.

15Loo ndoda ke yalathiweyo kwaza kwafunyanwa kuyo ezo zinto kufuneka zitshatyalalisiwe, yotshiswa kunye nako konke okukokwayo. Kaloku iwaphule umnqophiso kaNdikhoyo, yenza ubuyatha kwaSirayeli.”

16Kwangentsasa ngengomso uYoshuwa wawabiza amaSirayeli, izizwe ngezizwe. Isizwe sakwaJuda salathwa nguNdikhoyo.

17Seza ngaphambili isizwe sakwaJuda ngokwezindlu zaso, kwaza kwalathwa indlu kaZera. Kuloo ndlu kaZera kwathiwa imizi yayo mayize ngaphambili,

18kwaza kwalathwa umzi kaZabhedi. Eza ngaphambili amadoda aloo mzi, kwaza kwalathwa uAkana unyana kaKarmi umzukulwana kaZabhedi wakwaZera wesizwe sakwaJuda.

19Wathi kuye uYoshuwa: “Mfo wam, mzukise uNdikhoyo uThixo kaSirayeli, uzityande igila kuye, uyivume into oyenzileyo, ungandifihleli.”

20Wathi uAkana: “Kuyinene ukuba ndimonile uNdikhoyo uThixo kaSirayeli. Yiyo ke le into endayenzayo:

21phakathi kwamaxhoba ndabona umnweba omhle owenziwe eBhabheli, nesiliva ebunzima buziikhilogram ezimbini, kunye necwecwe legolide elibunzima bungaphezu kwesiqingatha sekhilogram. Ndazinqwenela, ndazithatha ke. Naziya zombelwe phaya endlwini yam, isiliva yona ingaphantsi.”

22UYoshuwa wathi makuye amadoda apho. Akhawuleza ke, aza azifumana zombelwe apho ngenene ezo zinto, isiliva ingaphantsi yona.

© 1996 Bible Society of South Africa.

23Bazithatha bazisa kuYoshuwa nakumaSirayeli ephela, baza bazandlala phambi koNdikhoyo.

24UYoshuwa, ekunye namaSirayeli, bamthatha uAkana, kunye naloo siliva, naloo golide, naloo mnweba, nditsho nkqu noonyana neentombi zakhe, imfuyo yakhe, nentente yakhe, konke okwakhe, babasa kwintili yeAkore.

25Wathi uYoshuwa: “Kutheni usifake enkathazweni nje? Nawe ke ngoku uNdikhoyo uza kukuhlisela inkathazo.” Umntu wonke wamxuluba ngamatye uAkana. Nosapho lwakhe nalo baluxuluba ngamatye, balutshisa kunye nako konke okwakhe.

26Bafumba amatye phezu kwakhe – aselapho unanamhla. Yathiywa njalo ke loo ndawo, kwathiwa yintili yeAkore. Yathomalala ke nengqumbo kaNdikhoyo.

UYoshuwa 8

Ukutshatyalaliswa kweAyi

1Ke kaloku wathi uNdikhoyo kuYoshuwa: “Uze ungoyiki, ungankwantyi. Thatha wonke umkhosi wakho, uhlasele iAyi. Ukumkani waseAyi, kunye nabantu bakhe, nesixeko sakhe, kunye nalo mhlaba wakhe, ndimnikele ezandleni zakho.

2Nalapha eAyi uze wenze laa nto wawuyenze eJeriko nakukumkani wakhona. Kodwa ngoku amaxhoba eenkomo kunye nezinye izinto nize nizithathele zona. Nize nizilungiselele ukuyiqubula loo dolophu, nibe nabalaleli ngapha kwayo.”

3UYoshuwa waxhabashela ukuya eAyi kunye nomkhosi wakhe. Wakhetha amawaka amashumi mathathu awona angamakhalipha kumadoda omkhosi, wawakhupha ngobusuku

4nalo myalelo: “Phulaphulani! Zimelani ngapha kwesixeko, ningabi kude, nihlale nichophe phezu kwezikrweqe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5Mna kunye namadoda ahamba nam sosivelela ngaphambili isixeko. Xa amadoda aseAyi asihlangabezayo thina siya kujika sibaleke njengokwesihlandlo sokuqala.

6Wona ke osisukela de athi qelele esixekweni, eba siyabaleka njengakuqala. Besasisukela njalo ke

7nina niya kuphuma kuloo ndawo benizimele kuyo, nihlasele isixeko, nisithimbe. UNdikhoyo uThixo wenu wosinikela ezandleni zenu.

8Nakuba nisithimbile eso sixeko, ze nisintumeke umlilo ngokomyalelo kaNdikhoyo. Ze nenjenjalo; ndiyaniyalela!”

9Wawandulula ke loo madoda uYoshuwa, ahamba aya kulinda ezimele ngasentshonalanga yeAyi, phakathi kweAyi neBhetele. Yena uYoshuwa wasala apho babekhulule khona ngobo busuku.

10Wavuka ekuseni uYoshuwa, wahlanganisa elakhe iqela lomkhosi. Wenjenjeya ewukhokelela eAyi kunye neenkokheli zawo.

11Lo mkhosi wahamba ujonge ngqo eAyi, wafika wagxumeka iintente zawo emantla esixeko, ahlulwe naso yintili.

12Ngelo xesha uYoshuwa wayeselethathe amawaka amahlanu amadoda, wawafihla ngakwintshonalanga yesixeko, phakathi kweAyi neBhetele.

13Amiswa ngeendawo zawo ke loo madoda, elungele idabi, iintente zawo zimi ngasemantla esixeko, amanye amadoda ezifihlile ngasentshonalanga. Ngobo busuku uYoshuwa wangena kuloo ntili.

14Akabanga saphozisa maseko ukumkani waseAyi akuwubona ekuseni umkhosi kaYoshuwa. Wesuka kwangoko, wawuhlangabeza kunye namadoda akhe kuloo ntili ikhangelene nentlango, engaqondi phofu ukuba kukho amadoda alaleleyo ngaphaya kwesixeko.

15UYoshuwa namadoda omkhosi wakhe yena wanga uyabaleka, wabheka ngasentlango.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Kwahlatywa umkhosi, aphuma onke amadoda aseAyi, awusukela umkhosi kaYoshuwa. Lo gama asukelayo wawuya usithi tyishi umgama ophakathi kwawo nesixeko.

17Akwasala nanye indoda eBhetele naseAyi engawasukelanga amaSirayeli, yaza iAyi yasala ingenabani wakuyikhusela.

18UNdikhoyo wathi kuYoshuwa: “Khomba eAyi ngomkhonto wakho, kuba ndiyinikezela kuwe loo dolophu.” Wenjenjalo uYoshuwa.

19Uthe nje akusiphakamisa isandla, laa mkhosi wakhe wawuzimela wesuka iindulumbane wangena esixekweni, wasintumeka umlilo.

20Athe akubheka amadoda aseAyi abona kufunquza intshinyela yomsi ngasesibhakabhakeni. Akazange abe nakubalekela ndawo, kuba amaSirayeli awayezenza ngathi ayabaleka ajika angena kuwo.

21Kaloku wathi uYoshuwa neqela lakhe bakuqonda ukuba isixeko sithinjiwe liqela elalizimele, yaye sasisele silidangatye ngumlilo, bajika bawahlasela amadoda aseAyi.

22AmaSirayeli awayethimbe isixeko afika aza kunceda edabini. Aba ke amadoda aseAyi angqingwe macal' onke ngamaSirayeli, abulawa onke. Akubangakho mntu usindayo, kungazange kuphuncule bani,

23ngaphandle kokumkani waseAyi yedwa. Kanti ke naye wabanjwa wasiwa kuYoshuwa.

24AmaSirayeli, akuba ewabulele onke loo madoda ayeleqwe ngawo emasimini nasentlango, abuyela kwaseAyi, afika abulala yonke into engumntu apho.

25Ngaloo mini kwabulawa yonke into engumntu eAyi, kwafa ishumi elinambini lamawaka lamadoda nabafazi.

26UYoshuwa wayesoloko umkhonto wakhe ewukhombe eAyi, akasithoba kwada kwaba kufe umntu wonke apho.

27AmaSirayeli azithathela imfuyo kwanamanye amaxhoba njengoko uNdikhoyo wawayalelayo ngomlomo kaYoshuwa.

© 1996 Bible Society of South Africa.

28UYoshuwa wayintumeka umlilo iAyi, yasala ingamabhodlo. Iseyiloo nto
unanamhla oku.

29Ukumkani waseAyi yena waxhonywa emthini, wayekwa apho kwada
kwarhatyela. Kwathi ngorhatya wathi uYoshuwa isidumbu sikakumkani
masithulwe siye kulahlwa emasangweni esixeko. Kwafunjwa phezu kwaso
ingqumba yamatye asekho apho unanamhla.

Ukuhlaziywa komnqophiso kwintaba iEbhali

30Emva koko ke uYoshuwa wenzela uNdikhoyo, uThixo kaSirayeli, iqonga
lamadini phezu kwentaba iEbhali,

31elenze njengoko uMosis, isicaka sikaNdikhoyo, wayeyalele. Walenza
ngamatye angaqingqwanga, ngokomyalelo osencwadini yomthetho
kaMosis. Kwelo qonga kwakusenziwa amadini atshiswayo kunye
nawobudlelane.

32UYoshuwa wawakhuphela umthetho kaMosis, ewukrola ematyeni,
amaSirayeli ejongile.

33AmaSirayeli onke, amadoda amakhulu, amagosa, nabalamli, kwakunye
nabangeneleli, bema bephahle ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo, bejongene
nababingeleli bomlibo ka-Aron ababeyithwele. Elinye iqela lalimi
ngakwintaba iGerezim, elinye limi ngakwintaba iEbhali. Kaloku uMosis,
isicaka sikaNdikhoyo, wayethe maze benjenje lakufika ithuba lokubhengeza
amathamsanqa uNdikhoyo awanika abantu bakhe amaSirayeli.

34Kwesi sithuba ke uYoshuwa wabafundela umthetho uphela, nditsho
iintsikelelo neziqalekiso njengoko zibhaliwe encwadini yomthetho.

35UYoshuwa ke wayifundela elo bandla liphela imiyalelo kaMosis,
engashiyanga nesuntswana eli. Ayekho namakhosikazi, nabantwana,
kwakunye nabangeneleli abemi phakathi kwamaSirayeli.

UYoshuwa 9

UYoshuwa ukhohliswa ngamaGibheyon

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Imbali yokutshatshela kwamaSirayeli yaya kuvakala nakwiikumkani ezazimi
ngasentshonalanga kweJordan: kweleentaba, emazantsi eentaba, nasemantla
konxweme lolwandle, ukuya kutsho eLebhanon. Ezo ke yayiziikumkani
ezazilawula amaHeti, ama-Amori, amaKanana, amaPerezi, amaHivi,
namaJebhusi.

2Zonke zabuthelana ngamxhelo mnye ukuze zilwe noYoshuwa namaSirayeli.

3Abantu baseGibheyon, ababengamaHivi, bayiva imbali yezigigaba
zikaYoshuwa eJeriko naseAyi,

4baza bagqiba ekubeni mabenze iqhinga. Bathume izigidimi zilayishe ukutya
ezimbongolweni ngeengxowa ezigugileyo.

5Zanxiba amadlavu, neembadada ezikrazukileyo, zathatha isonka esomileyo
esingundileyo

6Zenyuka zaya esikhululweni eGiligali, zafika zathi kuYoshuwa namaSirayeli:
“Singabantu abavela kwilizwe elikude. Size kucela kuni imvisiswano
yokuhlalisana ngoxolo.”

7AmaSirayeli athi: “Singathini na ukunqophisana nani? Kusenokwenzeka
ukuba nisuka kwalapha kufuphi.”

8Bathi kuYoshuwa: “Thina sizizicaka zakho.” Wababuza uYoshuwa wathi:
“Ningamani, yaye nivela phi?”

9Bona baphendula bathi: “Mhlekazi, sivela kwelikude; saye sivile ngezigigaba
zikaNdikhoyo uThixo wakho, nangayo yonke into awayenza eJiputa,

10kwakunye nakwenze kwiikumkani ezimbini zama-Amori ngaphesheya
kweJordan, kukumkani uSihon waseHeshbhon kunye nokumkani uOgi
waseBhashan owayemi eAshtoreti.

11Amadoda amakhulu akuthi, kunye nabemi bonke belakowethu, bathi kuthi:
‘Zenzeleni umphako wendlela, nihambe niye kubo, nithi: “Sizizicaka zenu.
Visisanani nathi, sihlalisane ngoxolo.” ’

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Khangela umphako wethu wesonka. Ukunduluka kwethu ekhaya sisiza apha, esi sonka sasiseshushu. Ngoku sesomile, singunde nokungunda.

13Iimvaba zewayini zazizele, zintsha, ngoku sezikrazukile. Neempahla zethu kunye neembadada zigugile luhambo olude.”

14Amadoda akwaSirayeli angcamla kumphako waloo madoda, kodwa akakhange abhekise kuNdikhoyo.

15NoYoshuwa ke wasivuma isicelo sawo soxolo, wanqophisana nawo ngelithi akayi kubulawa. Zafunga iinkokheli zebandla lamaSirayeli, zathi loo mnqophiso aziyi kuwutyeshela.

16Kwathi kungekadluli neentsuku ezintathu senziwa isivumelwano, eva amaSirayeli ukuba abo bantu yayingabamelwane bawo, behlala kufuphi nawo.

17Anduluka ke amaSirayeli, athi emva kweentsuku ezintathu agaleleka apho kwakuhlala khona loo madoda. Izixeko zawo yayiyiGibheyon, iKefira, iBheroti, kunye neKiriyati-yarim.

18Kambe ke amaSirayeli akazange ababulale aba bantu, kuba kaloku iinkokheli zebandla lawo zazibenzele isifungo ngegama likaNdikhoyo uThixo kaSirayeli. Lonke ibandla lakwaSirayeli lazikhalazela iinkokheli,

19zaza iinkokheli zathi: “Kaloku safunga ngegama likaNdikhoyo uThixo kaSirayeli kwaba bantu. Ke ngoko asinakubenza nto konke.

20Naku emasikwenze: masingabachukumisi, hleze sihlelwe yingqumbo ngokutyeshela isifungo.

21Masibayeke baphile ngokwesifungo sethu, kodwa ngabo abaza kusikhelela amanzi, basicandele iinkuni.”

22UYoshuwa wathi mabeziswe kuye abantu baseGibheyon, wabhekisa kubo wathi: “Nisikhohlisele ntoni nisithi nivela kude nje, kanti nihlala kufuphi?

23Niqalekisiwe ngenxa yento eniyenzileyo. Niya kuhlala ningamakhoboka, nithuthe amanzi, nicande neenkuni zomzi woThixo wam.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

24Bathi ukuphendula bona: “Mhlekazi, sibangwe kukuva ukuba kuyinyani ukuba uNdikhoyo uThixo wenu wayalela uMosis ukuba wonke lo mhlaba makawunike nina, batshabalalise bonke abemi bawo, ke ngoko sasoyikela nobomi bethu.

25Ngoku ke siphantsi kwegunya lakho; yenza loo nto wena ucinga ukuba ilungile.”

26Nantsi ke into awayenzayo uYoshuwa: wabakhusela, akawavumela ukuba amaSirayeli ababulale,

27kodwa wathi mababe ngamakhoboka okukha amanzi nokucanda iinkuni zamaSirayeli nezeqonga lamadini kaNdikhoyo. Loo msebenzi basawenza unanamhla kuloo ndawo yalathwe nguNdikhoyo.

UYoshuwa 10

Ukoyiswa kwama-Amori

1UAdoni-zedeki ukumkani waseJerusalem weva ukuba uYoshuwa wayithimba iAyi wayitshabalalisa, waza nekumkani yalapho wayibulala kanye njengoko wayenzile naseJeriko nakukumkani walapho. Weva nokuba amaGibheyon anqophisene namaSirayeli, yaye ngoku ahlalisana nawo ngoxolo.

2Abemi baseJerusalem yabaxhalisa kakhulu le meko, kuba kaloku iGibheyon yayisisixeko esibalulekileyo esilingana nezinye ezingamaziko olawulo. IGibheyon le yayingaphezulu kweAyi, nomkhosi wakhona unamagorha amadoda.

3Ngoko ke ukumkani uAdoni-zedeki wathumela izigidimi kukumkani uHoham waseHebron, nakukumkani uPiram waseYamuti, nakukumkani uYafiya waseLakishe, nakukumkani uDebhiri wase-Eglon, esithi:

4“Khanize kundincedisa siyihlasele iGibheyon, kuba amaGibheyon enze uxolo noYoshuwa namaSirayeli.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Zasuka ke ezi kumkani zintlanu zama-Amori – eyaseJerusalem
neyaseHebron, eyaseYamuti neyaseLakishe kunye neyase-Eglon –
zahlanganyela iGibheyon, zayihlasela.

6Amadoda aseGibheyon athumela isigidimi kuYoshuwa esikhululweni
eGiligali, esithi: “Nceda ungasiyekeli thina zicaka zakho. Khawuleza uze
kusinceda usisindise, kuba iinkosi zonke zama-Amori asezintabeni
zisihlanganyele; ziyasihlasela.”

7Wesuka kwangoko eGiligali uYoshuwa namagorha onke omkhosi wakhe.

8Waza uNdikhoyo wathi kuYoshuwa: “Uze ungaboyiki. Sendibanikele
esandleni sakho. Akukho nanye kwezo kumkani enokumelana nawe.”

9UYoshuwa nomkhosi wakhe wahamba ubusuku bonke ukusuka eGiligali
besiya eGibheyon, bafika bawaqubula ama-Amori.

10UNdikhoyo wawenza adideka ama-Amori ukufika komkhosi wamaSirayeli.
AmaSirayeli abaswantsulisa eGibheyon, abasukela ukunyuka inkalo
yaseBhete-horon ukubheka eAzeka naseMakeda.

11Ngeli xesha babaleka amaSirayeli ukuhla ithambeka, uNdikhoyo
wabatyhumfuza ngesichotho konke ukwenjenjeya ukuya eAzeka. Abaninzi
bafa sisichotho ngaphezu kokubulawa ngamaSirayeli.

12Ngaloo mhla uNdikhoyo amaSirayeli wawoyisela ngawo ama-Amori
uYoshuwa wabhekisa kuNdikhoyo phambi kwawo onke amaSirayeli, wathi: “
‘Langa, yima phezu kweGibheyon. Wena nyanga, yima phezu kwentili
iAyalon.’

13Lema bhunxe ilanga, nenyanga nayo ayahamba, kwada kwaba aloyisile
utshaba amaSirayeli.” Oku kwenzeka njengoko kuxeliwe kwiNcwadi
kaYashare. Ilanga lema bhunxe embindini wesibhakabhaka, alakhawuleza
ukutshona isithuba esingangemini iphela.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Akuzange kubekho umhla onjalo ngaphambili. Nangasemva koko awuzange
ubekho konke umhla awathi uNdikhoyo waliphulaphula ilizwi lomntu.
Wawalwela ke khona uNdikhoyo amaSirayeli!

15Emva kwedabi uYoshuwa nomkhosi wakhe babuyela esikhululweni
eGiligali.

UYoshuwa ubulala ookumkani bama-Amori

16Ookumkani bama-Amori baphuncula bobahlanu, baya kuzimela
emqolombeni eMakeda.

17Babhaqwa, waza waxelelwa apho bakhoyo uYoshuwa.

18Wathi: “Qengqelani amatye amakhulu, nivale ngawo umlomo
womqolomba, nize nishiye amadoda okulinda.

19Ke nina ze ningahlali apho, koko lusukeleni utshaba, ningaluvumeli
lubalekele ezixekweni zalo. Kaloku uNdikhoyo uThixo wenu selebanikele
ezandleni zenu.”

20Umkhosi kaYoshuwa waluswantsulisa utshaba, kambe abambalwa babaleka
bade baya kungena ezixekweni ezinqatyisiweyo zakomawabo, basinda.

21Abuya onke amadoda omkhosi kaYoshuwa, ehamba ngoxolo, aya
esikhululweni esasiseMakeda, kungekho nto inokuwaphazamisa.

22UYoshuwa wathi: “Wuvuleni umqolomba, nizizise kum zontlanu ezo
kumkani.”

23Wavulwa ke umqolomba, zaza zasiwa kuYoshuwa iikumkani zaseJerusalem,
eHebron, eYamuti, eLakishe, nase-Elon.

24UYoshuwa wawabiza ke onke amadoda akwaSirayeli, wathi kubaphathi-
mkhosi: “Yizani apha nizinyathele entanyeni ezi kumkani.” Benjenjalo,

25wathi ke uYoshuwa: “Nize ningoyiki ninkwantye! Yomelelani nikhaliphe!
Yiyo le into aza kuyenza uNdikhoyo kuzo zonke iintshaba zenu enilwa nazo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

26UYoshuwa wazixabela ke ezo zikumkani, wathi mazixhonywe emithini emihlanu. Zajinga apho ke kwada kwaba ngorhatya.

27Kwathi ngongcwalazi uYoshuwa wayalela ukuba zithulwe izidumbu zazo. Zaphoswa kwakuloo mqolomba bezizimele kuwo, kwavalwa ngamatye amakhulu apho. Aselapho unanamhla.

UYoshuwa uthimba ummandla ongezantsi wama-Amori

28Kwangaloo mini uYoshuwa wahlasela iMakeda, wayithimba kwakunye nekumkani valapho. Kwabulawa wonke ubani kweso sixeko, akwasala namnye. Kwikumkani yaseMakeda wenza kwalaa nto wayeyenze kukumkani waseJeriko.

29Ukusuka kwabo eMakeda uYoshuwa nawo onke amaSirayeli badlulela eLibhena, nayo bayihlasela.

30Nalapho uNdikhoyo wasinikela isixeko nokumkani waso ezandleni zamaSirayeli. Abulala wonke ubani apho, akashiya mntu. Nalapho kukumkani uYoshuwa wenza eso saseJeriko.

31Basuka eLibhena ooYoshuwa, baya eLakishe, bayingqinga, bayihlasela.

32UNdikhoyo wayinikezela iLakishe ezandleni zamaSirayeli, waza uYoshuwa wangena kuyo ngosuku lwesibini. Isixeko nabo bonke abakuso wasitshabalalisa njengoko wênjenjalo eLibhena.

33Kweza ukumkani uHoram waseGezere, ezokunceda amaLakishe, wachithwa kunye nomkhosi wakhe, babulawa bonke, akwasala nempunde le.

34UYoshuwa nomkhosi wakhe basuka eLakishe baya e-Eglon, bafika bayingqinga, bayihlasela.

35Bayoyisa kwangaloo mini, babulala wonke umntu apho, baxelisa eLakishe.

36UYoshuwa namaSirayeli onke bemka eLakishe, baya eHebron, bafika bayihlasela

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

37bayoyisa kwangaloo mini. Babulala ukumkani walapho, nabantu bonke beso sixeko, kwakunye nabeelali ezimelene naso. Wathi masitshatyalaliswe eso sixeko uYoshuwa, kanye njenge-Eglon. Akuzange kusinde mntu apho.

38Baphethuka apho, babheka eDebhiri. Bafika bayihlasela,

39bayoyisa, kunye nokumkani wayo, neelali ezimelene nayo. Kwatshatyalaliswa ukumkani naye wonke umntu owayelapho, akwasala namnye. Nalapho wenza kwaesaseLibhena nesaseHebron.

40UYoshuwa wabatshabalalisa bonke abemi belo zwe. Abantu ababemi kweleentaba, emathambekeni ngasempumalanga, kumazants' eentaba zasentshona, kwakunye nabo babemi kwimimandla yentlango ngasemazantsi, neekumkani zabo bonke. Wayethatha phambi konyawo atshayele yonke into ephefumlayo, ngokomyalelo kaNdikhoyo uThixo kaSirayeli.

41Waloyisa ukusukela eKadeshe-bhaneya emazantsi, kuse eGaza ngaselwandle, nawo wonke ummandla waseGeshon, kuse eGibheyon emantla.

42Le mimandla yonke uYoshuwa wayoyisa ephume umkhosi isihlandlo sasinye, kuba kaloku wayesilwelwa nguNdikhoyo uThixo kaSirayeli.

43Babuyela kwasesikhululweni eGiligali ooYoshuwa nomkhosi wakhe.

UYoshuwa 11

Ukuchithwa komkhosi kaJabhin namakholane akhe

1Ukumkani uJabhin waseHazore uthe akuva ngeziqwenga ezazisenziwa ngamaSirayeli, wathumela isigidimi kukumkani uJobhabhi waseMadon nakwiikumkani zaseShimron naseAkeshafi,

2nakwiikumkani ezazikweleentaba emantla, eJordan kwintili esemzantsi woLwandle lwaseGalili, emazantsi eentaba, nakunxweme lwangaseDore.

3Wasithumela nakumaKanana aphahle iJordan, kuma-Amori, kumaHeti, kumaPerezi, nakumaJebhusi kweleenduli, kwanakumaHivi awayemi phantsi kwentaba iHermon kummandla waseMizpa.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Ezo kumkani zeza nemikhosi yazo yonke, inyambalala yamajoni esith'
ilanga, ekwanjalo namahashe neenqwelo ubuninzi.

5Zahlanganisa imikhosi yazo ezo kumkani, zaya kugxumeka iintente
ngakumlanjana iMerom, zilungele ukulwa namaSirayeli.

6 UNdikhoyo wathi kuYoshuwa: “Uzungaboyiki wena. Ngeli xesha ngomso
ndoba sendiwancedile amaSirayeli ukubabulala bonke. Kufuneka amahashe
abo niwatshece imisipha, nezo nqwelo zabo nizintumeke umlilo.”

7Nanko ke uYoshuwa nomkhosi wakhe wonke eyiqubula loo mikhosi
ngakuloo mlanjana iMerom.

8Wayinikela ezandleni zabo loo mikhosi uNdikhoyo, bayoyisa, bayisukela
ukuya kutsho emantla eMisefoti-mayim naseSidon enkulu, kwaya kutsho
entshonalanga kuloo ntili yaseMizpa. Babatyakatya kwada akwabikho
namnye useleyo.

9Ngokomyalelo kaNdikhoyo uYoshuwa wawatsheca imisipha loo mahashe
abo, watshisa nezo nqwelo zabo.

10Wajika apho uYoshuwa, waya kuthimba iHazore, wayibulala nekumkani
yalapho. (Ngaloo mihla iHazore yayisesona sikumkani siyinjinga kwezo
zalapho.)

11Kwabulawa wonke umntu apho, akwasinda namnye, neso sixeko
satshatyalaliswa ngomlilo.

12Wazithimba zonke ezo zixeko ezinookumkani uYoshuwa, ebulala wonke
umntu kwanokumkani, kanye njengoko wayeyalelwe nguMosis isicaka
sikaNdikhoyo.

13Kambe ke akazange azitshise amaSirayeli izixeko ezazakhiwe ezindulini;
yaba yiHazore yodwa awathi uYoshuwa mayitshiswe.

14AmaSirayeli emka nawo amaxhoba nemfuyo yezo zixeko. Ababulala bonke
abantu, akashiya namnye.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15Kaloku uNdikhoyo wayalela uMosis, waza uMosis yena wayigqithisela kuYoshuwa loo miyalelo, ke yena uYoshuwa wayithobela. Wenza konke okwayalelwa nguNdikhoyo kuMosis.

Ummandla owathinjwa nguYoshuwa

16UYoshuwa wawuthimba wonke loo mhlaba: eleenduli, amazantsi eentaba ngasemantla nangasemazantsi, wonke ummandla waseGoshen, nentlango esezantsi, kwakunye naloo ntili yeJordan.

17-18Lo mmandla usuka kwintaba iHalaki ngase-Edom ezantsi, wenjenjeya ukuya kutsho eBhali-gadi emantla kuloo ntili yeLebhanon ngaphantsi kwentaba iHermon. UYoshuwa walwa ithuba elide neekumkani zalapha, kodwa ekugqibeleni wazoyisa, wazibulala.

19YiGibheyon qha isixeko esanqophisana namaSirayeli. Kulapho ayehlala khona amaHivi. Zonke ezinye izixeko zoyiswa edabini.

20 UNdikhoyo wazinika isibindi sokulwa namaSirayeli, khon' ukuze zitshatyalaliswe ziphele tu kungekho lusizi. Yayingumyalelo kaNdikhoyo lowo kuMosis.

21Ngelo xesha uYoshuwa waya kutshabalalisa ama-Anaki ahlala kweleenduli eHebron, eDebhiri, eAnabhi, nakuzo zonke iinduli zakwaJuda nakwaSirayeli. Wawatshabalalisa kunye nezixeko zawo zonke uYoshuwa.

22KwaSirayeli akuzange kusinde namnye umntu wesizwe sama-Anaki. Babekho kambe abasindayo eGaza, eGati, naseAshdode.

23Wawuthimba wonke loo mhlaba uYoshuwa ngokomyalelo kaNdikhoyo kuMosis. Wawunika amaSirayeli ukuba bawume, libe lilifa lawo, khon' ukuze isizwe ngasinye sifumane indawo yaso. Kwabakho uxolo elizweni.

UYoshuwa 12

Iikumkani ezoyiswa nguMosis

© 1996 Bible Society of South Africa.

1AmaSirayeli ayesele oyisa awuthimba nomhlaba ongasempumalanga yeJordan, ukususa kuloo ngingqi yeAnon, kunyuse loo ntili yeJordan, kuye kutsho kwintaba iHermon.

2Owokuqala ukumkani owoyiswayo yaba nguSihon umAmori owayelawula ummandla waseHeshbhon. Icala leGiliyadi laliphantsi kwakhe, ukususela eArure (engakumlambo iAnon) nasembindini wengingqi leyo, ukwenjenjeya ukusa eJabhoko (engumda welama-Amon).

3Intili yeJordan ukususela kuLwandle lwaseGalili nayo yayikwalapho, ukusa ezantsi eBhete-yeshimoti (engasempumalanga yoLwandle oluFileyo) kwenjenjeya kuse emazantsi entaba iPisga.

4Woyiswa naye ukumkani uOgi waseBhashan owayengowokugqibela kumaRafa. Wayephethe iAshtaroti kunye ne-Edreyi.

5Intaba iHermon, iSaleka, kunye nayo yonke iBhashan, kuse kwimida yeGeshuri neMahaka, necala leGiliyadi, kuye kutsho kummandla kakumkani uSihon waseHeshbhon, nazo zazikwalawulwa yile kumkani.

6Ezi kumkani zombini zoyiswa nguMosis namaSirayeli. Umhlaba wazo uMosis isicaka sikaNdikhoyo wawunika isizwe sakwaRubhen nesakwaGadi nesiqingatha sesizwe sakwaManase.

Iikumkani ezoyiswa nguYoshuwa

7UYoshuwa kunye namaSirayeli bazoyisa iikumkani ezazimi kummandla ongasentshonalanga yeJordan, ukusuka eBhali-gadi kwintili vaseLebhanon kuse kwintaba iHalaki ezantsi kufuphi neSeyire. Wawohlulela izizwe zakwaSirayeli lo mmandla uYoshuwa, ukuba ziwume.

8Nazi iziphaluka zalo mmandla: eleenduli, amazantsi eentaba zasentshona, intili yeJordan namazantsi eentaba zayo, iingingqi zangasempuma, kunye nentlango engasezantsi. Lo mmandla yayingumhlaba wamaHiti, ama-Amori, amaKanana, amaPerezi, amaHivi, namaJebhusi.

9AmaSirayeli oyisa iikumkani zezixeko iJeriko, iAyi (ngaseBhetele),

© 1996 Bible Society of South Africa.

[10]iJerusalem, iHebron,

[11]iYarmuti, iLakishe,

[12]iEglon, iGezere,

[13]iDebhiri, iGedere,

[14]iHoma, iAradi,

[15]iLibhena, iAdulam,

[16]iMakeda, iBhetele,

[17]iTapuwa, iHefere,

[18]iAfeki, iLasharon,

[19]iMadon, iHazore,

[20]iShimron-meron, iAkeshafi,

[21]iTanaki, iMegido,

[22]iKedeshe, iYokeneham (eKarmele),

[23]iDore (elunxwemeni), iGoyim (eGiligali),

[24]kunye neTirza. Yayingamashumi mathathu ezikumkani zizonke.

UYoshuwa 13

Umhlaba osamelwe kukuthinjwa

[1]Mhlenikweni uYoshuwa wayeselaluphele kakhulu, uNdikhoyo wathi kuye: “Sewumdala kakhulu ngoku, Yoshuwa, ukanti umhlaba ekusafuneka uthinjwe usemkhulu.

[2-3]Yiyo le imimandla esaseleyo: ummandla wamaFilistiya (akumkani zawo zihlala eGaza naseAshdode, eAshkelon, eGati, nase-Ekron); ummandla wamaGeshure (ekudla ngokuthiwa ngowamaKanana, usuka ngakwintlambo iShihore ngakwimida yeJiputa, kuse emantla kwimida yase-Ekron); ummandla wama-Avi;

© 1996 Bible Society of South Africa.

4ummandla wamaKanana ongasezantsi kwakunye neMeyara (engumhlaba
wamaSidon), kuse eAfeka ngakwimida yama-Amori;

5elamaGebhali kunye neLebhanon iphela ukubheka ngasentshona ukususela
eBhali-gadi esemzantsi wentaba iHermon, kuse kuloo nkalo yeHamati;

6-7wonke ummandla wamaSidon ahlala kweleentaba phakathi kweentaba
zaseLebhanon neMisefoti-mayim. “Bonke abemi balapho ndobakhupha apho
ukufika kwamaSirayeli. Loo mhlaba uzuwabele amaSirayeli kanye ngalaa
ndlela bendikuxelele yona, ube lilifa lezizwe ezilithoba kunye nesiqingatha
sakwaManase. ”

Ukwabiwa komhlaba ongasempumalanga kweJordan

8Isizwe sakwaRubhen nesakwaGadi kwakunye nesinye isiqingatha
sakwaManase zona zaziseziwabelwe umhlaba wazo nguMosis isicaka
sikaNdikhoyo. Loo mhlaba wawungasempumalanga kweJordan.

9Wawuye kuthi xhaxhe eArure ummandla wabo, phezu kwentili iAnoni,
nakwisixeko esasikuloo ntili, uthathe onke loo mathafa aseMedebha ukusa
eDibhon.

10Wenjenjeya ukusa kwimida yaseAmon, waquka zonke ezo zixeko
zaziphantsi kwekumkani yama-Amori uSihon owayephethe eHeshbhon.

11Lo mmandla wawuquka iGiliyadi, utyhutyhe imimandla yaseGeshure
naseMahaka, uthathe yonke intaba iHermon nayo yonke iBhashan ukuya
kutsho eSaleka.

12Ukwalapho nomhlaba kaOgi owaba yikumkani yokugqibela kumaRafa,
owayephethe iAshtaroti ne-Edreyi. Ezi ntlanga zonke zoyiswa nguMosis,
wawuthimba umhlaba wazo.

13Kambe ke amaSirayeli wona akazange abagxotha abantu baseGeshure
naseMahaka; basahlala kunye namaSirayeli unangoku.

© 1996 Bible Society of South Africa.

14UMosis akazange ababele mhlaba abaLevi. Bona esabo isabelo, ngokomyalelo kaNdikhoyo kuMosis, yinxaxheba bayifumana kumadini atshiswayo enzelwa uNdikhoyo, uThixo kaSirayeli.

Umhlaba owabelwa uRubhen

15Nguwo lo umhlaba uMosis owawabela isizwe sakwaRubhen ngokwemizi yaso ube lilifa laso:

16ummandla waso wawuye kuthi xhaxhe ngeArure phezu kwentili iAnoni, udibanise nesixeko esisembindini waloo ntili, kunye naloo mathafa ajikeleze iMedebha,

17uthathe iHeshbhon kunye nezo zixeko zikuloo mathafa: iDibhon, iBhamoti-bhali, iBhete-bhali-mehon,

18iYaza, iKedemoti, iMefati,

19iKiriyatayim, iSibhema, kunye neZereti-shahare eyayisendulini kuloo ntili,

20iBhete-pehore, amathambeka aloo ntaba iPisga, kunye neBhete-yeshimoti.

21Wawucanda kwezo dolophu zikuloo mathafa, uwuthathe wonke umhlaba wekumkani yama-Amori uSihon, owayephethe eHeshbhon. UMosis wayoyisa le kumkani ndawonye nezilawuli zaseMidiyan: uEvi, uRekem, uZure, noYuri, kunye noRebha. La madoda ayezizibonda ezaziphantsi kokumkani uSihon.

22Phakathi kwabantu ababulawa ngamaSirayeli kwafa noBhalam unyana kaBhehore owayengusiyazi.

23Umlambo iJordan yayingumda wangasentshonalanga wesizwe sakwaRubhen. Zizo ke ezo izixeko needolophu ezabelwa imizi yesizwe sakwaRubhen zaba lilifa lazo.

Ummandla owabelwa uGadi

24Nguwo lo umhlaba uMosis owawabela isizwe sakwaGadi ngokwemizi yaso ube lilifa laso:

© 1996 Bible Society of South Africa.

25ummandla waso uthathela eJazere udibanise zonke izixeko zaseGiliyadi,
udibanise nesiqingatha sommandla wama-Amon, kuye kuthi xhaxhe ngeArure
ekhangelene neRabha.

26Wawusuka eHeshbhon use eRamati-mizepe naseBhetonim, usuke
eMahanayim use kwimida yeDebhiri.

27Kwintili yeJordan wawuthatha iBhete-haram, iBhete-nimra, iSukoti, kunye
neZafon, nawo wonke ummandla kakumkani uSihon waseHeshbhon. Umda
wabo ngasentshona yayingumlambo iJordan kuse emantla kuLwandle
lwaseGalili.

28Ezi zixeko needolophu zaba lilifa lezindlu zesizwe sakwaGadi.

Ummandla owabelwa uManase

29Nguwo lo umhlaba uMosis owawabela isiqingatha sesizwe sakwaManase
ngokwemizi yaso ube lilifa laso:

30ummandla waso waya kuthi xhaxhe ngeMahanayim, wadibanisa neBhashan
– wonke ummandla kakumkani uOgi waseBhashan, kunye nazo zonke ezo lali
zimashumi mathandathu zaseJayire eBhashan.

31Uthatha isiqingatha seGiliyadi, udibanise iAshtaroti ne-Edreyi, iidolophu
ezazingamaziko olawulo zelizwe likakumkani uOgi waseBhashan. Wonke lo
mmandla wabelwa isiqingatha semizi eyinzala kaMakire unyana kaManase.

32Wenjenjalo ke uMosis ukwaba umhlaba ongasempumalanga kweJeriko
neJordan kuloo mathafa akwaMowabi.

33Kodwa ke uMosis akazange ababele mhlaba bona abaLevi. Elabo ilifa
nguNdikhoyo uThixo wamaSirayeli ngokwesithembiso sakhe.

UYoshuwa 14

Ukwabiwa komhlaba ongasentshonalanga kweJordan

1Le yinkcukacha yokwabelwa kwamaSirayeli umhlaba waseKanana
ongasentshonalanga kweJordan. Lo mhlaba wabelwa abantu nguElazare

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

umbingeleli, noYoshuwa unyana kaNune, bekunye neentloko zezindlu zezizwe zamaSirayeli.

2Umhlaba olilifa lezizwe ezilithoba elinesiqingatha wasikwa ngokwenza amaqashiso ngokomyalelo kaNdikhoyo kuMosis.

3-4Umhlaba ongasempumalanga kweJordan uMosis wayeselewabele izizwe ezibini ezinesiqingatha. (Inzala kaJosefu yayizizizwe ezibini: esakwaManase nesakwaEfrayim.) Kambe ke abaLevi bona uMosis akazange ababele mhlaba. Ndaweni yaloo nto babelwa izixeko bahlala kuzo, kunye namadlelo empahla.

5AmaSirayeli awaba loo mhlaba kanye ngokomyalelo kaNdikhoyo kuMosis.

IHebron yabelwa uKalebhi

6Abantu besizwe sakwaJuda bafika kuYoshuwa eGiligali, uKalebhi unyana kaJefune umKenezi wathi kuYoshuwa: “Uyayazi into eyathethwa kuMosis umfo wakwaThixo nguNdikhoyo mayela nawe kunye nam eKadeshe-bhaneya.

7Ndandimashumi mane ubudala ngamhla uMosis wandithumayo ndesuka eKadeshe-bhaneya ndaza kuhlola lo mhlaba. Ndamphathela ingxelo ngokungafihlisi,

8kuba ndamthobela ngomxhelo wam wonke uNdikhoyo uThixo. Kambe ke amadoda awayekunye nam abatsho bankwantya abantu.

9Ke ngoko uMosis wafunga wathi kum: ‘Inene, laa mhlaba unyathele kuwo woba lilifa lakho ndawonye nenzala yakho ngonaphakade, kuba umthobele ngomxhelo wonke uNdikhoyo uThixo wam.’

10Ke uNdikhoyo usandigcinile njengoko wathembisayo. Kambe sekudlule amashumi amane anantlanu eminyaka oko uNdikhoyo wathetha loo nto kuMosis ngokuya amaSirayeli ayebhadula entlango. Ndim lo ke, ndimashumi asibhozo anantlanu eminyaka ndisidla amazimba,

11kodwa ndisengumqabaqaba njengoko ndandinjalo ukundithuma kwakhe uMosis. Ndisomelele; ndingaya emfazweni, ndingenza nantoni na.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Ngoku ke ndabele eliya leentaba ndalithenjiswa nguNdikhoyo mhla ndenza
ingxelo. Nawe ngokwakho weva ngaloo mini ukuba olwaa hlanga
lweengxilimbela kuthiwa ngama-Anaki ayehlala apho ezixekweni ezikhulu
ezingqingwe ngeendonga. Ukuba uNdikhoyo ungakum ndozichitha kanye
njengoko yena watshoyo."

13UYoshuwa wamsikelela uKalebhi unyana kaJefune, wamabela iHebron yaba
lilifa lakhe.

14Unanamhla oku iHebron iseyeyenzala kaKalebhi unyana kaJefune
umKenazi, kuba yena wamthobela ngomxhelo wonke uNdikhoyo uThixo
kaSirayeli.

15Ngaphambili iHebron kwakusithiwa sisixeko sika-Arbha. (UArbha ngoyena
mAnaki mkhulu.) Kwabakho uxolo elizweni.

UYoshuwa 15

Ummandla owabelwa uJuda

1Nguwo lo umhlaba owabelwa izindlu zesizwe sakwaJuda ngamaqashiso: Lo
mhlaba waya kutsho kumda wase-Edom ezantsi kwentlango.

2Lo mda wangasezantsi wawucanda kwincam engezantsi yoLwandle
oluFileyo,

3uhle ubheke ezantsi ukusuka kwiNkalo yooNomadudwana, ugqithele eZin.
Wawutyhutyha amazantsi eKadeshe-bhaneya, udlule eHezeron, unyuke
usinge eAdare, ujike ujonge ngaseKareka,

4wenjenjeya usinga eAzemon, ugudle intlambo ekuthiwa yeyeJiputa, ujonge
elwandle, apho ufika ume khona. Ngumda ongasezantsi wakwaJuda ke lowo.

5Umda wangasempumalanga wawuluLwandle oluFileyo, wenjenjeya uye
kutsho apho umlambo iJordan ungena khona elwandle. Wawuqala apho
umda wangasentla,

6unyuke ubheke ngaseBhete-hogela, ubheke entla eBhete-arabha. Wawusuka
apho unyukele kwiLitye likaBhohan (uBhohan ngunyana kaRubhen),

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7usuke ngakwintili yeAkore, unyukele eDebhiri, uze ujike ujonge emantla
ngaseGiligali. IGiligali le yayijonge inkalo yeAdumim esemazantsi omfula
lowo. Wawugqithela kwimithombo yase-En-shemeshe, wenjenjeya ukuya e-
En-rogele,

8uze unyuke utyhutyhe intili yoonyana bakaHinom esethambekeni lenduli
ekwakumi kuyo isixeko samaJebhusi (yiJerusalem ke leyo), usuke apho
unyuse intaba, utsho encotsheni ngakwicala langasentshona lentili iHinom
ngasentla kumaphethelo entili yamaRafa.

9Usuka apho usinge emthonjeni waseNefetowa, ugqithele kwizixeko
ezingakwintaba iEfron. Uyajika apho, ubheke ngaseBhala (oko kukuthi
iKiriyati-yarim),

10apho ujikela ngasentshonalanga yeBhala, ujonge kwintaba iSeyire, uphume
kwicala elingasentla lentaba iYarim (oko kukuthi iKesalon), uhle uye eBhete-
shemeshe, ugqithele eTimna.

11Lo mda wawunyuka uye kwinduli engasentla kwe-Ekron, ujike ujonge
eShikeron, udlule intaba iBhala, wenjenjeya ukusinga eYabheneli.
Wawuhamba uyokuma ngolwandle

12olwalungumda wangasentshonalanga. Ngaphakathi kwale mida kwakuhlala
abantu bezindlu zikaJuda.

UKalebhi uthimba iHebron neDebhiri
(Nkokh 1:11-15)

13Inxalenye yommandla wakwaJuda wabelwa uKalebhi unyana kaJefune
wesizwe sakwaJuda, ngokomyalelo kaNdikhoyo kuYoshuwa. Wabelwa
iHebron, isixeko sika-Arbha, uyise ka-Anaki.

14UKalebhi wayikhuphela ngaphandle kweso sixeko inzala ka-Anaki.
YayinguSheshayi, uAhiman, noTalmayi.

15Wesuka apho waya kuhlasela abantu ababehlala eDebhiri ekwakusithiwa
yiKiriyati-sefere mandulo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16UKalebhi wathi: “Intombi yam uAkesa ndoyendisela kumntu oya kuze
ayihlasele ayithimbe iKiriyati-sefere.”

17UOteniyeli unyana womntakwabo-Kalebhi uKenazi wasithimba ke eso
sixeko, waza uKalebhi wayendisela kuye intombi yakhe uAkesa.

18Bakuba betshatile wacenga uOteniyeli amvumele acele umhlaba kuyise.
Wehla kwidonki awayekhwele kuyo uAkesa, waza uKalebhi wabuza wathi:
“Kwenzeke ntoni?”

19Wathi ukuphendula uAkesa: “Ndicela intsikelelo. Kaloku umhlaba ondinike
wona ukwindawo ebharhileyo. Nceda undinike imithombo.” UKalebhi ke
wamnika imithombo angasentla nengasezantsi.

Izixeko zakwaJuda

20Lo ngumhlaba owabelwe izindlu zesizwe sakwaJuda, waba lilifa lazo:

21Izixeko zabo ezazisemazantsi, ezo zazikufuphi nomda wase-Edom, yayizezi:
iKabhezeli, iEdere, iYagure,

22iKina, iDimona, iAdada,

23iKedeshe, iHazore, i-Itenana,

24iZifi, iTelem, iBheyaloti,

25iHazore-hadata, iKeriyoti-hezeron (okanye iHazore),

26iAmam, iShema, iMolada,

27iHazare-gada, iHeshmon, iBhete-pelete,

28iHazare-shuwali, iBheshebha, iBhiziyotiya,

29iBhala, i-Iyim, iEzem,

30iEltoladi, iKezili, iHoma,

31iZikelage, iMademana, iSanesana,

32iLebhawoti, iShilim, iAyin, kunye neRimon. Yaba zizixeko ezimashumi
mabini anethoba zizonke, kwakunye neelali ezizingqongileyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

33Izixeko ezazisesihlanjeni yayizezi: iEshtawoli, iZora, iAshna,

34iZanowa, iEn-ganim, iTapuwa, iEnam,

35iYamuti, iAdulam, iSoko, iAzeka,

36iSharayim, iAditayim, neGedera (okanye iGederotayim). Yaba zizixeko ezilishumi elinesine kunye neelali ezazizingqongile.

37-41Kwakukho nezinye izixeko ezilishumi linantandathu ezazingqongwe ziilali. YayiyiZenan, iHadasha, iMigdali-gadi, iDilan, iMizpa, iYoketeli, iLakishe, iBhozekati, iEglon, iKabhon, iLamam, iKitilishe, iGederoyi, iBhete-dagoni, iNama, kunye neMakeda.

42-44Kanti ke kwakukho nezinye izixeko ezilithoba ezazingqongwe ziilali: iLibhena, iEtere, iAshan, i-Ifeta, iAshna, iNezibhi, iKeyila, iAkezibhi, kunye neMaresha.

45IEkron yayingqongwe zizixeko kunye neelali,

46kukho nezinye izixeko neelali ngaseAshdode, ukusuka e-Ekron kuse elwandle.

47Yayikwalapho iAshdode kunye neGaza kwanezixeko neelali zazo, zithe thande de kuye kuthi xhaxhe kwintlambo ekuthiwa yeyeJiputa nakunxweme lolwandle.

48Izixeko zeleentaba yayiyiShamire, iYatire, iSoko,

49neDana, iKiriyati-sana (okanye iDebhiri),

50iAnabhi, iEshtemo, kunye neAnim,

51iGoshen, neHolon, kunye neGilo. Yayizizixeko ezilishumi linambini zizonke kunye neelali ezizingqongileyo.

52YayiyiArabhu, iDuma, iEshan,

53iYanim, iBhete-tapuwa, iAfeka,

© 1996 Bible Society of South Africa.

54iHumta, iKiriyati-arbha (yiHebron ke leyo), kunye neZiwore, izixeko
ezilithoba kunye neelali ezizingqongileyo.

55IMawon, iKarmele, iZifi, neJuta,

56kunye neYizereli, iYokedim, neZanowa,

57iKayin, neGibheya, kunye neTimna, izixeko ezilishumi zizonke kunye
neelali ezizingqongileyo.

58IHalehule, neBhete-zure, iGedore,

59neMarati, kunye neBhete-anoti ne-Eltekon, yayizizixeko ezithandathu kunye
neelali ezizingqongileyo.

60Kwakukho neKiriyati-bhali (okanye iKiriyati-yarim) kunye neRabha: izixeko
ezibini neelali ezizingqongileyo.

61Entlango kwakukho iBhete-arabha, iMidin, iSekaka,

62iNibheshan, isiXeko seTyuwa, kunye ne-Engedi: zazizithandathu kunye
neelali ezizingqongileyo.

63Kodwa ke kambe amaJuda akazanga aba nako ukuwagxotha amaJebhusi
awayemi eJerusalem. Asahlala apho nangoku kunye noonyana bakaJuda.

UYoshuwa 16

Ummandla owabelwa uEfrayim kunye noManase

1Umda ongezantsi womhlaba owabelwa inzala kaJosefu wawuqala eJordan
kufuphi neJeriko, kwindawo eyayikwicala langasempumalanga yemithombo
yaseJeriko, wenjenjeya ubhekisa ngasentlango. Wasuka eJeriko walityhutyha
eleentaba ukusa eBhetele.

2Ukusuka eBhetele (ekwakuthiwa yiLuzi) wadlulela eAtaroti, apho ayemi
khona ama-Arki.

3Wehla wajonga ngasentshona kummandla wamaYafeleti, waya kuma
kummandla waseBhete-horon engasezantsi. Wedlula apho ujonge eGezere,
waya kuma ngolwandle.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Lo mhlaba waba lilifa lenzala kaJosefu, izizwe zakwaEfrayim noManase.

UEfrayim

5Nanku ummandla wezindlu zakwaEfrayim: Umda wabo wawusuka eAtaroti-adare ubheke ngasempumalanga eBhete-horon ekumantla,

6usuke apho uye kutsho elwandle. Ngasemantla apho yayiyiMikemetati, kuthi ngasempumalanga yalapho ujike umda ujonge iTanati-shilo, udlule apho kwangasempuma yalapho, ujonge eYanowa.

7Ukusuka apho uyehla ubheke eAtaroti naseNara, ugqithe eJeriko, uye kuma ngeJordan.

8Apho umda wawucanda ngasentshonalanga ukusuka ngaseTapuwa, ubheke kwintlambo iKana, uye kuma ngolwandle. Nguwo ke lowo umhlaba owaba lilifa lezindlu zesizwe sakwaEfrayim.

9Iidolophu neelali ezazikwimida yakwaManase zanikwa uEfrayim.

10Abazange bawagxothe amaKanana awayemi eGezere. Ahlala ke namaEfrayim kwada kwakaloku amaKanana, kodwa ênza umsebenzi ngokunyanzelwa.

UYoshuwa 17

UManase ongasentshonalanga kweJordan

1Inxalenye yomhlaba ongasentshonalanga kweJordan wabelwa ezinye izindlu zezindlu eziyinzala yonyana omkhulu kaJosefu uManase ngamaqashiso. UMakire, uyise kaGiliyadi, wayengunyana omkhulu kaManase, umfo oligorha emfazweni. Yiyo ke loo nto wabelwa iGiliyadi neBhashan, ezingasempumalanga kweJordan.

2Umhlaba ongasentshonalanga kweJordan wona wabelwa inxalenye yezindlu zesizwe sakwaManase: ooAbhiyezere, Heleki, Aseriyeli, Shekem, Hefere, noShemida. Aba ngokwezindlu zabo yayingabazukulwana abangamadoda bakaManase unyana kaJosefu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3UZelofehadi unyana kaHefere, ozalwa nguGiliyadi unyana kaMakire ozalwa nguManase, yena akazanga azale madoda, yaba ziintombi zodwa. Nanga amagama azo: uMala, noNowa, uHogela, noMilika, kunye noTirza.

4Zaya kuElazare umbingeleli, bekunye noYoshuwa unyana kaNune kwaneenkokheli, zafika zathi: “ UNdikhoyo uyalele uMosis ngelithi nathi aze asabele umhlaba kunye nezizalwana zethu ezingamadoda.” Ke ngoko zawunikwa umhlaba kwanjenge-zizalwana zabo ezingamadoda njengoko uNdikhoyo wayetshilo.

5Isizwe sakwaManase saba nezabelo ezilishumi nje ukongezelela kwiGiliyadi neBhashan engasempumalanga kweJordan,

6kungenxa yokuba abazukulwana bakaManase abaziintombi nabangamadoda babelwa umhlaba. Umhlaba waseGiliyadi wona wabelwa enye inxalenye yabazukulwana bakaManase.

7Ummandla wesizwe sakwaManase wawusuka eAshere use eMikemetati ngasempumalanga yeShekem. Umda wawusihla uye ngasezantsi, uquke bonke abantu base-En-tapuwa.

8Umhlaba owawungqinge iTapuwa wawungowakwaManase, kodwa sona isixeko saseTapuwa esisemdeni sasisesenzala kaEfrayim.

9Wawusihla loo mda ubheke ezantsi ngakwintlambo iKana. Izixeko ezingezantsi kwaloo ntlambo yayizezakwaEfrayim, nakuba zazikummandla wakwaManase nje. Umda wakwaManase wawucanda ngakwicala elingasentla kwaloo ntlambo, uye kuma ngolwandle.

10Isizwe sakwaEfrayim sasingasezantsi, esakwaManase sona singasentla, ulwandle lungasentshona. UAshere wayemi ngasentla koManase, uIsakare emi ngasempuma.

11Ngaphakathi kwemida yakwaIsakare nakwa-Ashere iBhete-shan kunye neIbleyam, neelali ezizingqongileyo, yayizezakwaManase, kwakunye neDore engaselwandle, ne-Endore, iTanaki, iMegido, kwaneelali ezizijikelezileyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Isizwe sakwaManase kambe asizanga sibe nako ukubagxotha abemi bezo
zixeko, kuba amaKanana ayezimisele ukuhlala khona.

13Naxa amaSirayeli selenamandla, akabanga nako ukuzithimba ezo zixeko
zamaKanana, kambe awanyanzela ukuba abe zizicaka.

UEfrayim noManase ongasentshona kweJordan bacela ukongezwa umhlaba

14Bathi kuYoshuwa abazukulwana bakaJosefu: “Ngani ukuba usinike
isiqwenga sibe sinye somhlaba, ukanti sibaninzi kangaka ngenxa
yokuthamsanqeliswa kunene nguNdikhoyo?”

15Wathi uYoshuwa: “Ukuba nibaninzi kangangokuba neleentaba
lakwaEfrayim lingananeli, yiyani emahlathini, nifike nigece nizivulele
umhlaba kwelamaPerezi namaRafa.”

16Baphendula bathi: “Eliya leentaba aliphangalele kangangokuba lingasanela,
kanti ke phaya ezintilini amaKanana aneenqwelo zentsimbi, la ahlala eBhete-
shan nalawa ahlala kule ntili yeYizereli xa ewonke.”

17Wathi uYoshuwa kubo: “Ngenene, ndlu kaJosefu, nina zinto zikaEfrayim
nani zinto zikaManase, nibaninzi, yaye ninamandla. Niza kusongezwa isabelo
senu.

18Eleentaba lelenu, nditsho lilihlathi linjalo. Kufuneka niligece nime kulo
lonke. AmaKanana wona kufuneka niwagxothe, nditsho enezo nqwelo
zentsimbi, omelele enjalo.”

UYoshuwa 18

Ukwabiwa komhlaba osaseleyo

1Ibandla lakwaSirayeli lahlangana eShilo, lamisa isibingelelo sikaNdikhoyo
apho. Naxa umhlaba wawuseluthinjiwe

2kwakusekho izizwe zamaSirayeli ezisixhenxe ezazingekabelwa ilifa lazo.

3Wabhekisa kumaSirayeli ke uYoshuwa wenjenje: “Niya kulibazisa kude kube
nini ukuya kuthimba umhlaba enawunikwa nguNdikhoyo, uThixo wooyihlo-
mkhulu?

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Ndikhetheleni amadoda abe mathathu kwisizwe ngasinye, ndiwathume aye kulicanda ilizwe, abhale iinkcukacha zalo ngokwelifa lesizwe ngasinye. Kufuneka aphinde eze kum akugqiba.

5Loo mhlaba ke uya kwabiwa wahlulwe ube ziziqwenga ezisixhenxe. UJuda wohlala ngezantsi kummandla wakhe, noJosefu wohlala kowakhe ummandla ngasentla.

6Ze nizibhale iinkcukacha zezo ziphaluka zosixhenxe, nize nazo kum nakugqiba. Mna ke ndokwenza amaqashiso, ndiqonde umnqweno kaNdikhoyo uThixo wethu ngani.

7AbaLevi bona abayi kwabelwa isabelo njengani; kaloku esabo isabelo kukuba ngababingeleli abakhonza uNdikhoyo. Zona ke izizwe zakwaGadi noRubhen nesiqingatha sikaManase sebelabelwe elabo ilifa phaya ngasempumalanga kweJordan, alinikwa nguMosis isicaka sikaNdikhoyo.”

8Anduluka ke loo madoda, aya kucanda umhlaba, emva kokuba uYoshuwa wayethe: “Ze niwujikeleze niwucande loo mhlaba, nizibhale iinkcukacha zawo, nibuye nize kum. Mna ndoqonda kuNdikhoyo ngokwenza amaqashiso apha eShilo.”

9Awujikeleza ke loo mhlaba loo madoda, abhala echaza ukuba awahlule njani waziziqwenga ezisixhenxe, enza noludwe lwezixeko. Babuyela kuYoshuwa esikhululweni eShilo.

10UYoshuwa wenza amaqashiso phambi koNdikhoyo, waza ke wazabela izizwe zakwaSirayeli ebezingekabi namhlaba iziqwenga zomhlaba, ewaba ngokwezindlu zazo.

Ummandla owabelwa uBhenjamin

11Kwaqala kwaphuma iqashiso lommandla wezindlu zesizwe sakwaBhenjamin. Umhlaba wabo wawumi phakathi kwesizwe sakwaJuda nesakwaJosefu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Ngasentla umda wabo wawuqala eJordan, unyuke loo mathambeka angasentla kweJeriko, wenjenjeya ukusinga ngasentshona, utyhutyha eleentaba, uye kuma ngentlango iBhete-aven.

13Wawunyuka ithambeka kwicala elingasezantsi eLuzi (yiBhetele ke leyo) uhle ubheke eAtaroti-adare entabeni engezantsi kweBhete-horon emzantsi.

14Lo mda wawujika ujonge emazantsi usuka kwicala elingasentshonalanga yeleentaba, wenjenjeya ukusinga eKiriyati-bhali (iKiriyati-yarim) yesizwe sakwaJuda. Ngumda wangasentshona lo.

15Umda wangasezantsi wawuqala ngasemaphethelweni eKiriyati-yarim ngasentshona, ubheke kumthombo waseNefetowa,

16usuke apho uhle ubheke phantsi kwentaba ejonge kwintili yoonyana bakaHinom engasentla kwentili yamaRafa. Wawusuka apho uhle utyhutyhe loo ntili iHinom kwithambeka emazantsi esixeko samaJebhusi, ubheke ngase-En-rogele.

17Uyajika ujonge emantla e-En-shemeshe, uze ugqithele eGeliloti ngakwinkalo yeAdumim. Ukusuka apho uyehla uye ngakwiLitye likaBhohan (uBhohan wayengunyana kaRubhen),

18uze udlule ngasentla kwengxondorha ephezu kwaloo ntili yeJordan, uhle uye entilini,

19uze udlule ngasentla kwengxingwa eBhete-hogela, uye kuphela ngasentla apho umlambo iJordan ungena khona kuLwandle oluFileyo. Lo ke yayingumda wangasezantsi.

20IJordan yona yayingumda wangasempumalanga. Yiyo ke leyo imida yomhlaba owabelwa izindlu zesizwe sakwaBhenjamin, walilifa lazo.

21Izixeko zezindlu zesizwe sakwaBhenjamin zizo ezi: iJeriko, iBhete-hogela, iEmeki-kezizi,

22iBhete-arabha, iZemarayim, iBhetele,

23iHavim, iPara, iOfra,

© 1996 Bible Society of South Africa.

24iKefar-amoni, iOfeni, kunye neGebha. Yayilishumi elinambini lezixeko
ezingqongwe ziilali.

25Kwakukho neGibheyon, iRama, iBheroti,

26iMizpa, iKefira, iMoza,

27iRekem, i-Irpeli, iTarala,

28iZela, iHayelefe, nesixeko samaJebhusi (oko kukuthi iJerusalem), kwakunye
neGibheya, neKiriyati-yarim. Yayilishumi elinesine lezo zixeko
ezazingqongwe ziilali. Nguwo ke lowo umhlaba owabelwa izindlu zesizwe
sakwaBhenjamin.

UYoshuwa 19

Ummandla owabelwa uSimon

1 Iqashiso lesibini laphumela isizwe sakwaSimon ngokwezindlu zaso. Ilifa
laso lalikummandla wakwaJuda.

2Umhlaba wakwaSimon wawuquka iBheshebha, iShebha, iMolada,

3iHazare-shuwali, iBhala, ne-Ezem,

4iEltoladi, iBhetuli, iHoma,

5iZikelagi, iBhete-markabhoti, iHazare-susa,

6iBhete-lebhawoti, kunye neSharuhen. Yayizizixeko ezilishumi linantathu
kunye neelali ezazizingqongile.

7Kwakukwakho neAyin, iRimon, iEtere, kunye neAshan; izixeko ezine kunye
neelali ezizingqongileyo.

8Zonke iilali ezazingqonge ezo zixeko zazikwalapho kude kuse eBhalati-bhere
(ekuthiwa yiRama) kwintlango engasezantsi. Nguwo ke lowo umhlaba
owabelwa izindlu zesizwe sakwaSimon, waba lilifa lazo.

9Umhlaba wakwaJuda inxalenye yawo yabelwa isizwe sakwaSimon ukuba ibe
lilifa laso, kuba wawumkhulu ngaphezu kokuba isizwe sakwaJuda
sasiwudinga.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Ummandla owabelwa uZebhulon

10Ngesihlandlo sesithathu iqashiso laphumela isizwe sakwaZebhulon ngokwezindlu zaso. Umda welifa lesi sizwe waya kuma ngeSaridi.

11Ukusuka apho umda wacanda ngasentshona waya kutsho eMarala, wegqitha eDabhesheti nakwintlambo iYokeneham.

12Kwicala elingaphaya kweSaridi wenjenjeya ukuya ngasempuma kumda weKiseloti-tabhore, wedlulela eDabherati ukusinga eYafiya.

13Ukusuka apho wakhweza kwicala langasempumalanga, ujonge eGati-hefere nase-Eti-kazin, wajika wajonga ngaseRimon usinga eNeha.

14Umda ngasemantla wajika apho wasinga ngaseHanaton, waya kuma kwintili i-Ifeta-eli.

15Wawuquka ezi zixeko: iKatati, iNalali, iShimron, i-Idala, kunye neBhetelehem. Yaba lishumi linambini lezixeko kunye neelali ezizingqongileyo.

16Ezo zixeko kunye nezo lali zazikumhlaba owabelwa izindlu zesizwe sakwaZebhulon.

Ummandla owabelwa uIsakare

17Ngesesine isihlandlo iqashiso laphumela isizwe sakwaIsakare ngokwezindlu zaso.

18Kummandla waso kwakukho izixeko iYizereli, iKesuloti, iShunem,

19iHafarayim, iShiyon, iAnarati,

20iRabhiti, iKishiyon, iEbheze,

21neRemeti, iEn-ganim, iEn-hada, kunye neBhete-pazeze.

22Lo mda wadibanisa iTabhore, iShazuma, kunye neBhete-shemeshe, uye kuma ngeJordan. Wawunezixeko ezilishumi linantandathu kunye neelali ezizingqongileyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

23Ezo zixeko kunye nezo lali zazikumhlaba owabelwa izindlu zesizwe sakwaIsakare ukuze ube lilifa lazo.

Ummandla owabelwa uAshere

24Ngesihlandlo sesihlanu iqashiso laphumela isizwe sakwa-Ashere ngokwezindlu zaso.

25Ummandla wesi sizwe wawuquka izixeko iHelekati, iHali, iBheten, neAkeshafi,

26kwakunye neAlam-meleki, iAmadi, kunye neMishali. Ngasentshonalanga wawudlula eKarmele naseShikore-libhenati.

27Ukujika kwawo ngasempumalanga wawusinga ngaseBhete-dagoni, udlule kwaZebhulon nakwintili i-Ifeta-eli ukubheka ngasentla eBhete-emeki naseNeyeli. Wenjenjeya ukunyuka ucanda ngasekunene kweKabhuli,

28ujonge e-Ebron, eRehobhi, eHamon, naseKana, ukuya kutsho kwiSidon enkulu.

29Wawujika apho ujonge eRama, ude uye kutsho kwisixeko saseTire esinqatyisiweyo, ujike ujonge ngaseHosa, uye kuma ngolwandle. Wawuquka iMahalabhi, iAkezibhi,

30iUma, iAfeki, kunye neRehobhi. Yayingamashumi mabini nambini ezixeko kunye neelali ezizingqongileyo.

31Zazikummandla welifa lesizwe sakwa-Ashere ezi zixeko kunye neelali ezizingqongileyo.

Ummandla owabelwa uNafetali

32Ngesesithandathu isihlandlo iqashiso laphumela isizwe sakwaNafetali ngokwezindlu zaso.

33Umda waso wawusuka eHelefe uye kutsho kum-oki oseZananim, udlulele eAdami-nekebhe naseYabheneli kude kuse eLekum, uye kuma ngeJordan.

© 1996 Bible Society of South Africa.

34Apho wawufika ujonge ngasentshonalanga uye eAzenoti-tabhore, usuke apho uye eHukoki, ubethe ngakuZebhulon emazantsi, udlule kwa-Ashere ngasentshonalanga, naseJordan kwicala langasempumalanga.

35Izixeko ezazinqatyisiwe yayiyiZidim, iZera, iHamati, iRakati, iKinerete,

36iAdama, iRama, iHazore,

37iKedeshe, iEdreyi, kunye ne-En-hazore,

38iYiron, iMigdali-eli, iHorem, iBhete-anati, kunye neBhete-shemeshe. Yayilishumi linethoba lezixeko kunye neelali ezizingqongileyo.

39Ezo zixeko kunye nezo lali zazikummandla owabelwa izindlu zesizwe sakwaNafetali zaba lilifa lazo.

Ummandla owabelwa uDan

40Ngesesixhenxe isihlandlo iqashiso laphumela isizwe sakwaDan ngokwezindlu zaso.

41Ummandla waso wawuquka iZora, iEshtawoli, i-Ire-shemeshe,

42kunye neShalabhim, iAyalon, i-Itela,

43iElon, neTimnata, kunye ne-Ekron,

44uthathe ne-Elteke, iGibheton, iBhalata,

45iYehudi, iBhene-bheraki, iGati-rimon,

46iMeyakon, neRakon, kunye nommandla ojongene neJopa.

47Athi akulahlekelwa ngumhlaba wawo amaDan aya kuhlasela iLeshem. Ayithimba yaba yeyawo akuba ebabulele abemi balapho. Ema apho, alijika negama layo iLeshem, athi ukuyibiza kwayo yiDan, eyithiya ngokhokho wawo uDan.

48Ezi zixeko nezi lali zaba ngumhlaba owaba lilifa lesizwe sakwaDan.

Umhlaba owabelwa uYoshuwa

49Athi akugqiba ukuwaba amaSirayeli umhlaba, abela uYoshuwa unyana kaNune elakhe ilifa

© 1996 Bible Society of South Africa.

50ngokomyalelo kaNdikhoyo. Amnika iTimnata-sera, isixeko awasicelayo. ITimnata-sera yayikweleentaba kwaEfrayim. Wasivusa eso sixeko uYoshuwa, wahlala apho.

51UElazare umbingeleli, ekunye noYoshuwa unyana kaNune, kwakunye neentloko zezindlu zezizwe zakwaSirayeli, babeyaba le mimandla ngokwenza amaqashiso phambi koNdikhoyo eShilo ngasekungeneni kwesibingelelo. Bawaba ke ngolo hlobo loo mhlaba bada bagqiba.

UYoshuwa 20

Izixeko zokuphephela

1 UNdikhoyo wathi kuYoshuwa:

2“Thetha namaSirayeli, uthi ndithi makalathe izixeko zokuphephela endandixelele uMosis ngazo.

3Zoba ziindawo ekubalekela kuzo abantu abathe babulala omnye ngengozi okanye ngempazamo. Yoba ziindawo zokuzimela kwimpindezelo yezizalwana zaloo mntu ubuleweyo.

4Umntu oye kuzimela kwezo zixeko kufuneka anike inkcazelo ngesenzo sakhe enkundleni kumadoda amakhulu esangweni leso sixeko. Ngawo aya kumamkela amnike indawo yokuhlala phakathi kwawo.

5Xa umphindezeli athe walandela ekhondweni lalowo ubalekele apho, wona akasayi kumnikezela kuye – kaloku wambulala ngengozi umfi, bengazange baxabana ngaphambili.

6Umbulali angahlala apho kweso sixeko de kufike umhla wokuvavanywa kwetyala ngumzi. Akuba eswelekile umbingeleli omkhulu angabuyela ke kwisixeko sakowabo awayebaleke kuso.”

7Kwatyunjwa iKedeshe eGalili kweleentaba lakwaNafetali, neShekem kweleentaba lakwaEfrayim, kunye neKiriyati-arba (yiHebron ke leyo) kweleentaba lakwaJuda.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Kumphesheya-Jordan ongasempuma yeJeriko kwatyunjwa ezi zixeko: kwisizwe sakwaRubhen yaba yiBhezere ekumathafa asentlango, kwisizwe sakwaGadi yaba yiRamoti eseGiliyadi, yaza kwaManase yaba yiGolan eBhashan.

9Zizo ke ezo izixeko ekwakunokuphephela kuzo nawuphi na umSirayeli okanye umngeneleli ohlala phakathi kwamaSirayeli. Injongo yazo yayikukuzimelisa umntu obulele omnye ngengozi, ukwenzela ukuba ze kungabikho mntu ubulawayo sisizalwana somfi engekemi enkundleni yamatyala ngaphambi kwebandla.

UYoshuwa 21

Izixeko zabaLevi

1Iintloko zezindlu zakwaLevi zaya kumbingeleli uElazare noYoshuwa unyana kaNune, bekunye neentloko zezindlu zakwaSirayeli.

2Zaya kubo eShilo kwelamaKanana, zafika zathi: “ UNdikhoyo wayethe kuMosis thina masinikwe izixeko kunye namadlelo azo.”

3AmaSirayeli ke ngoko, ethobela umyalelo kaNdikhoyo, acaphula kwilifa lawo, abanika ezinye izixeko zawo abaLevi kunye namadlelo azingqongileyo.

4 Iqashiso lokuqala laphumela imizi yendlu yabaLevi bakwaKohati, babelwa izixeko ezilishumi linantathu, ezazikummandla wakwaJuda, nowakwaSimon, kunye nowakwaBhenjamin.

5Inxalenye yemizi kaKohati yabelwa ishumi lezixeko ezazikwaEfrayim, kwaDan, nakwisiqingatha sasentshonalanga sakwaManase.

6Indlu yakwaGershon yabelwa ishumi elinantathu lezixeko kummandla wakwaIsakare, nakwa-Ashere, kwaNafetali, nakwisiqingatha sakwaManase esiseBhashan.

7Indlu yakwaMerari ngokwemizi yayo yabelwa ishumi elinambini lezixeko kummandla wakwaRubhen nakwaGadi nakwaZebhulon.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Njengoko uNdikhoyo wayetshilo kuMosis amaSirayeli ababela abaLevi ezi zixeko namadlelo ngokwenza amaqashiso.

9-10Nazi ke izixeko ezabelwa abazukulwana baka-Aron, inzala kaLevi, bendlu kaKohati, ezazikummandla kaJuda noSimon: iqashiso laphumela bona kuqala,

11babelwa isixeko sika-Arbha (uArbha wayenguyise ka-Anaki) le kuthiwa yiHebron ngoku. Nantso kweleentaba kwaJuda. Bayinikwa kunye namadlelo ayo,

12kambe zona iilali eziyingqongileyo kunye namasimi zazisezabelwe uKalebhi unyana kaJefune, zaza zaba zezakhe.

13Ukongezelela kwiHebron (eyayisesinye sezixeko zokuphephela) kwahlonyelwa nezi zixeko kubazukulwana bombingeleli uAron: iLibhena,

14iYatire, iEshtemowa,

15iHolon, iDebhiri,

16iAyin, iJuta, kunye neBhete-shemeshe, kwanamadlelo azo. Yayilithoba lezixeko kummandla wakwaJuda nakwaSimon.

17Kummandla wakwaBhenjamin babelwa zazine izixeko: iGibheyon, iGebha,

18iAnatoti, kunye neAlmon, kwanamadlelo azo.

19Zaba lishumi linantathu izixeko ezabelwa ababingeleli abazukulwana baka-Aron, kunye namadlelo azo.

20Eminye imizi yabaLevi endlu yakwaKohati yabelwa izixeko kummandla kaEfrayim.

21Banikwa izixeko ezine: iShekem namadlelo ayo kweleentaba lakwaEfrayim (yenye yezixeko zokuphephela nayo), iGezere,

22iKibhezayim, kunye neBhete-horon, kunye namadlelo azo.

23Kummandla wakwaDan abelwe izixeko ezine: iElteke, iGibheton,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

24iAyalon, kunye neGati-rimon, namadlelo azo.

25Kummandla wesiqingatha sikaManase esingasentshonalanga abelwa izixeko ezibini: iTanaki, neGati-rimon, kunye namadlelo azo.

26Indlu yakwaKohati yabelwa ishumi lezixeko zizonke kunye namadlelo azo.

27Abanye abaLevi bendlu kaGershon babelwa izixeko zazibini kummandla wesiqingatha sikaManase esingasempuma: yaba yiGolan eBhashan (esinye sezixeko sokuphephela) kunye neBheshtera namadlelo azo.

28Kummandla wakwaIsakare babelwa izixeko ezine: iKishiyon, iDabherati,

29iYamuti, ne-En-ganim kunye namadlelo azo.

30Kummandla wakwa-Ashere babelwa zazine: iMishali, iAbhedon,

31iHelekati, neRehobhi, namadlelo azo.

32Kummandla wakwaNafetali zaba zithathu: iKedeshe eGalili namadlelo ayo (yayisisixeko sokuphephela), iHamoti-dore, neKartan, namadlelo azo.

33Imizi yendlu yakwaGershon yabelwa ishumi linantathu lezixeko zizonke, namadlelo azo.

34AbaLevi bendlu yakwaMerari, yona eyayingekabonelelwa, babelwa izixeko zazine kwaZebhulon: iYokeneham, iKarta,

35iDimna, neNahali, namadlelo azo.

36KwaRubhen babelwa zazine: iBhezere, iYaza,

37iKedemoti, eMefati, namadlelo azo.

38KwaGadi babelwa zazine: iRamoti-giliyadi namadlelo ayo (esinye sezixeko zokuphephela), iMahanayim,

39iHeshbhon, neYazere, namadlelo azo.

40Indlu kaMerari ke yabelwa ishumi linambini lezixeko zizonke, isabelwa ngokwezindlu zayo ngamaqashiso.

© 1996 Bible Society of South Africa.

41-42AbaLevi babelwa izixeko ezingamashumi mane anesibhozo zizonke kummandla wamaSirayeli. Zonke ezo zixeko ngazinye zazinamadlelo azo.

UNdikhoyo uzalisekisa isithembiso sakhe

43Wenjenjalo ke uNdikhoyo ukuzalisekisa isithembiso awasenzayo kookhokho bamaSirayeli sokuba wowanika umhlaba. Ema kuloo mhlaba ke amaSirayeli akuba ewuthimbile.

44Wezisa uxolo kulo lonke elo zwe uNdikhoyo, njengoko wabathembisayo ngesifungo ookhokho babo. Iintshaba zawo zonke zange zibe nakumelana nawo amaSirayeli kuba uNdikhoyo wayezinikela ezandleni zawo iintshaba zawo.

45Wazigcina zonke izithembiso awazenza kumaSirayeli uNdikhoyo; ewe, akukho nalinye ilizwi alithethileyo angalifezekisanga.

UYoshuwa 22

UYoshuwa undulula uRubhen noGadi nesiqingatha sikaManase

1UYoshuwa wabiza isizwe sakwaRubhen nesakwaGadi kunye nesiqingatha sesakwaManase sasempuma,

2wathi: “Nikufezile konke enakuyalelwa sisicaka sikaNdikhoyo uMosis, nayithobela yonke imiyalelo yam.

3Unanamhla aniwashiyanga enyanyeni amawenu, koko ninyamekele ukuthobela umthetho kaNdikhoyo uThixo wenu.

4Ngoku ke uNdikhoyo uThixo wenu uwaphumzile amawenu, njengoko wathembisayo. Ke ngoko godukani niye kumhlaba ongowenu ongakwicala elingasempumalanga yeJordan, lowo nawunikwa nguMosis isicaka sikaNdikhoyo.

5Kambe maze ninyaniseke ngokupheleleyo ekuwuthobeleni umyalelo nomthetho eniwuwiselwe nguMosis isicaka sikaNdikhoyo, othi: ‘Mthande uNdikhoyo uThixo wakho; mthobele ezintweni zonke, uyigcine imiyalelo

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

yakhe, unamathele kuye, umkhonze ngomxhelo wonke nangomoya wakho wonke.’ ”

6Emva koko ke uYoshuwa wabasikelela wabandulula bagoduka.

7Kaloku uMosis wayabele isiqingatha sesizwe sakwaManase umhlaba eBhashan, kanti ke yena uYoshuwa wabela esinye isiqingatha sesizwe sakwaManase umhlaba ongasentshona kweJordan kunye namawabo. UYoshuwa wabandulula wabasikelela wathi:

8“Ngoku nigoduka nizizityebi, ninemfuyo eninzi, nesiliva, negolide, ubhedu, nentsimbi, nemfumba yezambatho. Ze niwabele amawenu kumaxhoba eniwafumene ezintshabeni.”

9AmaRubhen namaGadi nesiqingatha samaManase bagoduka. Amanye amaSirayeli bawashiya apho eShilo kwelamaKanana, basinga kwelakowabo eGiliyadi, ababeyifumene ngokomyalelo kaNdikhoyo kuMosis.

Ukusonjululwa kwengxaki yeqonga lamadini

10Zathi zakufika eGeliloti ngaseJordan eKanana izizwe zakwaRubhen nakwaGadi noManase osempuma, zakha into enkulu yeqonga lamadini apho phezu komlambo.

11AmaSirayeli eva kusithiwa: “Khangelani uRubhen noGadi nesiqingatha sikaManase bakhe iqonga lamadini emdeni welaseKanana nganeno apha eGeliloti phezu komlambo iJordan!”

12Yakuvakala loo nto lonke ibandla lakwaSirayeli lahlangana eShilo, lizilungiselela ukuhlasela izizwe ezingaphesheya, empumalanga yeJordan.

13AmaSirayeli athuma umbingeleli uPineyasi unyana kaElazare kwaRubhen nakwaGadi nakwaManase ongaphesheya eGiliyadi.

14UPineyasi wahamba neshumi lamadoda aziinkokheli zezizwe ezilishumi zakwaSirayeli. La madoda ayeziintloko zezindlu.

15Baya kufika eGiliyadi kwaRubhen, kwaGadi, nakwaManase ongasempuma, bafika bathi:

© 1996 Bible Society of South Africa.

16“Sithetha nje, sithetha egameni lebandla likaNdikhoyo liphela. Niyenzeleni into embi kangaka ngokungathembeki kuThixo kaSirayeli? Yini na ukuba nityeke kuNdikhoyo ngokuzakhela iqonga lamadini, nivukelane naye ngoku?

17Khange bube sisifundo na ubugwenxa obenzeke ePehore Kaloku uNdikhoyo wabetha ibandla xa lilonke ngobhubhani. Ngaba unanamhla anikahlanjululwa na kobo bugwenxa,

18le nto nityekayo ekumlandeleni uNdikhoyo? Xa namhlanje nimvukela uNdikhoyo, ngomso kosa eliqumbele lonke ibandla lakwaSirayeli.

19Xa umhlaba wenu ugqwalisekile, ngani ningaweli iJordan nje, niye apho simiyo isibingelelo sikaNdikhoyo ezweni lakhe, nize kuma apha phakathi kwethu? Yekani ukumvukela uNdikhoyo nize nathi nisifake kolo vukelo lwenu ngokwenza qonga limbi lingelilo likaNdikhoyo uThixo wethu.

20Ngaba senikulibele ukungathembeki kuka-Akana unyana kaZera, owathatha amaxhoba amakatshatyalaliswe, kwaza ngenxa yeso senzo kohlwaywa lonke ibandla lakwaSirayeli? UAkana akazange afe yedwa ngenxa yesono sakhe. ”

21Oonyana bakaRubhen, noonyana bakaGadi, nesiqingatha sikaManase, benjenje ukuphendula iintloko zezizwe zakwaSirayeli:

22“Oyena unguThixo nguNdikhoyo! Ewe, oyena unguThixo nguye uNdikhoyo! Nguye owaziyo ukuba sikwenzeleni na oku, yaye nani sifuna nazi. Ukuba oku sikwenze ngokungathembeki kuNdikhoyo, okanye ngokumvukela, masingasindi ekufeni namhlanje.

23Yaye ukuba ngeli qonga sityekile ekumlandeleni uNdikhoyo ngokwenzela kulo amadini ethu atshiswayo, nawokudla, nawobudlelane, makasuke asigwebe yena ngenkqu.

24Hayi bo! Elaa qonga silenze ngenxa yexhala lokuba kwixesha elizayo abantwana benu basenokuthi kubantwana bethu: ‘Uyintoni kuni kakade uNdikhoyo uThixo kaSirayeli?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

25Akanto yakwenza nani maRubhen namaGadi; wasahlula nani ngokwenza iJordan umda.' Loo nto ke ingabangela ukuba abantwana bethu bayeke ukunqula uNdikhoyo.

26Kungoko ke satshoyo ukuthi: 'Masakhe iqonga, kodwa kungabi ngenjongo yakunikela madini naminikelo kulo.'

27Hayi, sisitsho nje besisenzela thina nani, nezizukulwana ezizayo, ubungqina bokuba ngenene uNdikhoyo simnqula esibingelelweni sakhe ngamadini atshiswayo, nawobudlelane, nangeminikelo. Besisenzela ukuba abantwana benu bangaze bathi kwabethu: 'Aninasabelo nina nanto yakwenza kuNdikhoyo.'

28Thina besiba abantwana bethu babeya kuthi xa ithe yehla into enjalo: 'Naliya iqonga elifana nqwa neliya likaNdikhoyo lakhiwa ngoobawo. Ewe kambe, asililo lamadini neminikelo, lona lilingqina kumawethu nakumawenu.'

29Asingeke ke thina sivukele uNdikhoyo okanye sityeke kuye ngokwakha iqonga lamadini neminikelo elilelinye. ElikaNdikhoyo uThixo wethu lona limi esibingelelweni sakhe."

30OoPineyasi neentloko zakwaSirayeli kunye nezezindlu, banela bakuba beyivile impendulo yamaRubhen namaGadi kunye neyesiqingatha samaManase.

31Umbingeleli uPineyasi, unyana kaElazare, wathi kuwo: "Ngoku siyazi ukuba uNdikhoyo uphakathi kwethu; animvukelanga. Ngoko ke amaSirayeli ephela asindile kumsindo wakhe."

32UPineyasi ke neentloko zamaSirayeli bemka kwaRubhen nakwaGadi eGiliyadi, babuyela eKanana, baya kwenza ingxelo kumaSirayeli.

33Aneliseka yiloo ngxelo amaSirayeli, atsho abonga uThixo; akabi sathetha ngakuhlasela awutshabalalise umhlaba wamaRubhen namaGadi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

34Baza ke abantu bakwaRubhen nakwaGadi balibiza elo qonga ngokuthi:
“Lingqina kuthi sonke ukuba uNdikhoyo unguThixo.” Baza ke bathi ukulibiza
liNgqina.

UYoshuwa 23

Amazwi okugqibela kaYoshuwa

1Lakuba ligqithile ithuba elide uNdikhoyo uwaphumzile amaSirayeli
ezintshabeni zawo ezaziwangqongile; noYoshuwa ngoku wayeselemdala
aluphele.

2UYoshuwa wawabiza onke amaSirayeli, amadoda amakhulu, iintloko
zezindlu, abalamli, kunye nabanye abangamagosa, wathi kubo:
“Sendaluphele; ndigugile mna ngoku.

3Niyibonile yonke into ayenzileyo ngenxa yenu uNdikhoyo kuzo zonke
iintlanga zalapha. UNdikhoyo uThixo wenu ubesoloko enilwela kaloku.

4Khumbulani ukuba isizwe ngasinye kuni ndisabele umhlaba waso kumhlaba
weentlanga endizitshabalalisileyo, kwanezo zisaseleyo phakathi kweJordan
nolwandle ngasentshonalanga.

5UNdikhoyo uThixo wenu nguye ngenkqu owozigxotha phambi kwenu;
wovulela nina indawo. Ke ngoko lo mhlaba ngowenu njengoko kanye
wathembisayo.

6Ngoko ke yomelelani, ninyamekele nithobele yonke into ebhalwe kwincwadi
yomthetho kaMosis, ningashiyi nendawo le.

7Nize ningazibandakanyi naba bantu basaseleyo apha, ningabizi namagama
oothixo babo, okanye nisebenzise amagama oothixo babo xa nifunga,
ningabanquli abo thixo nikhahlele kubo.

8Ndaweni yaloo nto nina namathelani kuNdikhoyo, nenze njengoko senenzile
unanamhla.

9UNdikhoyo unigxothele izizwe ezikhulu nezinamandla ekungeneni kwenu,
akwabikho bani unako ukumelana nani edabini.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

10Nditsho nomntu omnye kuni angachitha-chitha iwaka eyedwa, kuba kaloku
uNdikhoyo uThixo wenu uyanilwela njengoko wathembisayo.

11Ze nigcise ke ngenxa yobomi benu, uNdikhoyo uThixo wenu nimthande,

12kuba kaloku xa nithe natyeka kuye nazibandakanya nezi ntlanga ziseleyo
apha, nendiselana nazo,

13ze nazi kakuhle ukuba uNdikhoyo akakubuy' azigxothe, anivulele indawo.
Ndaweni yaloo nto ziya kusuka zibe ngathi zizabatha nezigu zokunigcayisela,
zibe ngathi zizabhokhwe zokunitywatyusha, nameva asemehlweni, nide
niphele nithi shwaka kulo mhlaba ulungileyo niwunikwe nguNdikhoyo
uThixo wenu.

14“Ngoku ke sendiza kufa. Nazi mhlophe ezintliziyweni zenu
nasemiphefumlweni yenu ukuba akukho nanye into ayithembisileyo
angayenzanga uNdikhoyo; ewe, akukho nanye into ayithethileyo
angayiphumelelisanga.

15Kanti kwalo Ndikhoyo unenzela izinto ezintle kangaka uyakwazi ukubuya
azise ububi anitshabalalise nithi shwaka kulo mhlaba ulungileyo aninike
wona.

16Ewe, xa niwutyeshelayo umnqophiso athe maze niwugcine uNdikhoyo
uThixo wenu, nisuke nina nikhonze ninqule izithixo, wovutha umsindo
wakhe, anitshabalalise ngephanyazo, niphele kuthi tu kulo mhlaba ulungileyo
aninike wona.”

UYoshuwa 24

Umyolelo kaYoshuwa nokuhlaziywa komnqophiso

1UYoshuwa wenza imbizo yazo zonke izizwe zakwaSirayeli eShekem. Wabiza
onke amadoda amakhulu, iintloko zezindlu, abalamli, kunye nabanye
abangamagosa akwaSirayeli, bonke baya kuthi nqwadalala
ngasesibingelelweni sikaNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

2Wabhekisa kubo bonke abantu uYoshuwa wenjenje: “Utsho uNdikhoyo, uThixo kaSirayeli, ukuthi: ‘Kudala kanye ooyihlo-mkhulu uTera kunye noonyana bakhe uAbraham noNahore babemi ngaphesheya komlambo iEfrati, benqula thixo bambi.

3Uyihlo-mkhulu uAbraham ndamkhupha apho ngaphesheya kwe-Efrati, walityhutyha lonke elaseKanana. Ndampha abantwana abaninzi. Ndamnika uIsake;

4uIsake yena ndamnika uYakobi noEsawu.UEsawu ndamnika ilizwe leentaba lase-Edom. Yena uYakobi noonyana bakhe behla baya eJiputa.

5-6Ndathuma uMosis noAron, amaJiputa ndawehlisela izibetho. Niyayazi into endawenza yona. Ndaza ke emva koko ndanikhupha eJiputa, naza nina naza kutsho kuLwandle oluBomvu. AmaJiputa akhupha iinqwelo zamahashe nomkhosi okhwele amahashe ukusukela ooyihlo, asinga kuLwandle oluBomvu.

7Kodwa bathi bakukhala ooyihlo, ndafaka ithunzi lobumnyama phakathi kwamaSirayeli namaJiputa. Ndawagubungela ngamanzi olwandle, eyela amaJiputa – niyayazi loo nto. “ ‘Nahlala entlango ithuba elide.

8Ndaza mna ndanizisa kumhlaba wama-Amori awayemi ngasempumalanga yeJordan. Alwa nani, kodwa mna ndawanikela ezandleni zenu. Nawuthatha umhlaba wawo, ndakuba mna ndiwatshabalalisile.

9Ukumkani uBhalaki wakwaMowabhi, unyana kaZipore, waqubisana namaSirayeli edabini. Wathumelela uBhalam, unyana kaBhehore, ukuba abizwe eze anishwabulele,

10kodwa andizange ndivume ukumphulaphula uBhalam. Ndaweni yaloo nto wamana ukunithamsanqelisa, ndaba ke ndinihlangule kuBhalaki.

11Nawela iJordan, naya eJeriko. Abemi balapho balwa nani, njengoko enjenjalo ama-Amori, namaPerezi, namaKanana, amaHiti, amaGirgashi, amaHivi, namaJebhusi, kodwa ndabanikela ezandleni zenu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Ndabathumela ngoonomeva abo balwa nani. Yiyo loo nto eyachitha iikumkani zama-Amori zombini – asilokrele nalutolo lwenu.

13Ndaninika umhlaba eningazanga nawusebenza nezixeko eningazanga nazakha. Ngoku nihlala apho nitye isivuno semidiliya eningayilimanga, neminquma eningazanga nabulaleka yiyo.’

14“UNdikhoyo mhloneleni, nimnqule ngentembeko ninyanisekile. Yahlukanani nezithixo zookhokho benu ngexesha bengaphesheya kwe-Efrati naseJiputa, nikhonze uNdikhoyo yedwa.

15Ke ukuba kubi emehlweni enu ukumkhonza uNdikhoyo, khethani ngoku, ukuba nokhonza bani na nina, phakathi koothixo baseMesopotami booyihlo noothixo bama-Amori enimi kumhlaba wawo. Kodwa mna kunye nomzi wam, siya kukhonza uNdikhoyo.”

16Aphendula amaSirayeli athi: “Thina asisoze sahlukane noNdikhoyo sikhonze thixo bambi.

17NguNdikhoyo uThixo wethu owasikhulula thina nookhokho eJiputa ebukhobokeni. Siyayazi imiqondiso emikhulu awayenzayo. Wasilondoloza konke apho sihamba khona, wasikhusela xa besicanda phakathi kweentlanga.

18UNdikhoyo wasigxothela zonke iintlanga, nditsho kunye nama-Amori awayemi apha. Ngoko ke nathi sokhonza uNdikhoyo; nguye uThixo wethu.”

19UYoshuwa wathetha namaSirayeli wenjenje: “Aninako ukumkhonza uNdikhoyo. UNdikhoyo nguThixo owahlukileyo; unguThixo onekhwele. Akasayi kukuxolela ukumvukela kwenu nokumona kwenu,

20yaye ukuba niyamfulathela nikhonze izithixo zasemzini, wonijikela anihlisele ububi. Wonitshabalalisa niphele, ngoku kanye ebekade eniphethe kakuhle.”

21Abantu bathi kuYoshuwa: “Hayi bo! Thina siza kukhonza uNdikhoyo.”

22Wathi ke uYoshuwa: “Ningamangqina enu ngokwenu ke ukuba nina nizikhethele ukukhonza uNdikhoyo.” “Ewe, singamangqina,” batsho abantu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

23“Yahlukanani ke nazo ezo zithixo zasemzini ninazo,” watsho uYoshuwa,
“nize ke nizinikele ngomxhelo wonke kuNdikhoyo uThixo kaSirayeli.”

24Bathi abantu kuYoshuwa: “Thina sokhonza uNdikhoyo uThixo wethu,
siphulaphule ilizwi lakhe.”

25Ngaloo mini, belapho eShekem, uYoshuwa wabenzela umnqophiso abantu,
wabanika imimiselo nemithetho amabayithobele.

26Wayibhala yonke loo nto uYoshuwa encwadini yomthetho kaThixo. Waza
emva koko wathatha ilitye elikhulu, walimisa phantsi komthi wom-oki
ngakuloo ndawo wayenqulelwa kuyo uNdikhoyo.

27Wathi ebantwini bonke: “Niyabona, eli litye loba lelobungqina, kuba
liwevile onke amazwi uNdikhoyo awabhekise kuthi. Lilo ke eloba lingqina xa
nimkhanyela uThixo wenu.”

28Emva koko ke wabandulula abantu uYoshuwa, umntu ngamnye wabuyela
emhlabeni olilifa lakhe.

Ukubhubha kukaYoshuwa noElazare

29Wabhubha ke emva koko uYoshuwa, unyana kaNune, isicaka sikaNdikhoyo,
eminyaka ilikhulu lineshumi.

30Wafihlelwa eTimnata-sera, emhlabeni olilifa lakhe, kweleentaba
kwaEfrayim, kumantla entaba iGahashe.

31AmaSirayeli ahlala ekhonza uNdikhoyo lo gama wayesaphila uYoshuwa.
Akungabikho ahlala esenjenjalo nangalo gama ayesekho amadoda amakhulu
awayenamava ngeziganeko ezikhulu ezenziwa nguNdikhoyo.

32Amathambo kaJosefu awayeze nawo eJiputa amaSirayeli,awangcwaba
kumhlaba owathengwa nguYakobi eShekem koonyana bakaHamore uyise
kaShekem ngekhulu leesiliva. Lo mhlaba waba lilifa lenzala kaJosefu.

33Wabhubha noElazare, unyana ka-Aron, waza wangcwatyelwa eGibheya
kweleentaba kwaEfrayim, emhlabeni owabelwa uPineyasi unyana wakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Iinkokheli

Iinkokheli 1

Indlu kaJuda nekaSimon yoyisa uAdoni-bhezeki

1Akuba engasekho uYoshuwa, amaSirayeli abuzisa kuNdikhoyo, athi:
"Ngubani onokusikhokela ukuya kuhlasela amaKanana?"

2Ke yena waphendula wathi: "Mayibe nguJuda; ndiwunikele esandleni sakhe
loo mhlaba."

3Ke indlu kaJuda yathi kumawabo amaSimon: "Sincediseni xa silwa
namaKanana ukuzuza isabelo sethu somhlaba, khon' ukuze nathi sinincedise
xa nilwela esenu isabelo." Ngoko ke ahamba nendlu kaJuda amaSimon.

4Bahlasela ke abendlu kaJuda, uNdikhoyo wawanikela ezandleni zabo
amaKanana namaPerezi, baza babulala ishumi lamawaka eBhezeki.

5Apho ke bafumana uAdoni-bhezeki, balwa naye, bawaswantsulisa
amaKanana namaPerezi.

6Ke yena uAdoni-bhezeki wabaleka, baza bona bamsukela, bambamba,
bamnqumla oobhontsi bezandla nabeenyawo.

7UAdoni-bhezeki wathi: "Amashumi asixhenxe ookumkani ababhontsi babo
bezandla neenyawo bashunqulweyo babefudula bechola-chola iimvuthuluka
apho ndityela khona. Kodwa ke ngoku uThixo undiphindezele ngaloo nto
ndandibenza yona." Wathathwa ke, wasiwa eJerusalem, apho wafela khona.

Indlu kaJuda ithimba iJerusalem neHebron

8Abendlu kaJuda ke bayihlasela bayithimba iJerusalem. Abemi bayo
babatshabalalisa, sona isixeko basifak' umlilo.

9Emva koko ke balwa namaKanana akweleentaba, namazantsi azo,
ngokunjalo nakwintlango esezantsi.

10Bahlasela namaKanana awayemi eHebron eyayibizwa ngokuba yiKiriyati-
arbha mandulo. Bayoyisa ke imizi yamaSheshayi, ama-Ahiman,
namaTalmayi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

UOteniyeli uthimba iDebhiri
(Yosh 15:13-19)

11Abendlu kaJuda baya kuhlasela abantu abahlala eDebhiri, ekwakusithiwa yiKiriyati-sefere mandulo.

12UKalebhi wathi: “Intombi yam uAkesa ndoyendisela kumntu oya kuze ayihlasele ayithimbe iKiriyati-sefere.”

13UOteniyeli, unyana kaKenazi umninawa omncinci kaKalebhi, wasithimba ke eso sixeko, waza ke uKalebhi wayendisela kuye intombi yakhe uAkesa.

14Bakuba betshatile wacenga uOteniyeli amvumele acele umhlaba kuyise. Wehla kwidonki awayekhwele kuyo uAkesa, waza uKalebhi wambuza wathi: “Kwenzeke ntoni?”

15Wathi ukuphendula uAkesa: “Ndicela intsikelelo. Kaloku umhlaba ondinike wona ukwindawo ebharhileyo. Nceda undinike imithombo.” UKalebhi ke wamnika imithombo engasentla nengasezantsi.

Uloyiso lukaJuda noBhenjamin

16Inzala kayise womka-Mosis, umKeni, yahamba nendlu kaJuda ukuphuma kwisiXeko samaSundu, yaya kumhlaba oyintlango ezantsi kweArade kwelakwaJuda, yaza ke yema phakathi kwabantu balapho.

17Ke uJuda noSimon badibana, baza bawoyisa amaKanana awayehlala eZefati. Eso sixeko basivuthulula, basitshabalalisa, baza basithiya igama eliyiHoma.

18-19 UNdikhoyo wayinceda indlu kaJuda, yawuthatha umhlaba okweleentaba. Phofu abakwaJuda zange babe nako ukubagxotha abantu ababemi kwintili egudle ulwandle, kuba babeneenqwelo ezenziwe ngentsimbi. Izixeko zabo ibiyiGaza, iAshkelon, ne-Ekron, zinemimandla yazo.

20Ngokomlomo kaMosis iHebron yanikwa uKalebhi, owagxotha izindlu ezintathu khona ezaziyinzala ka-Anaki.

21Kodwa ke amaBhenjamin zange awagxothe amaJebhusi awayehlala eJerusalem – asemi khona ndawonye namaBhenjamin unanamhla.

© 1996 Bible Society of South Africa.

Abendlu kaJosefu bathimba iBhetele

22-23Abendlu kaJosefu bahlasela iBhetele, ekwakusithiwa yiLuzi ngaloo maxesha. UNdikhoyo wabanceda. Bathumela iintlola apho esixekweni,

24zaza zabona indoda iphuma khona, zathi kuyo: “Sibonise indlela yokungena esixekweni. Ukuba uthe wenjenjalo asiyi kukwenzakalisa.”

25Yazibonisa ke, aza amaJosefu ababulala bonke abantu bakhona, ashiya loo ndoda nendlu yayo kuphela.

26Emva koko yaya kwelamaHiti, yakha isixeko, yathi yiLuzi igama laso. Sisabizwa ngelo gama ke nangoku.

Izizwe ezingagxothwanga ngamaSirayeli

27AmaManase zange azigxothe izizwe ezazihlala eBhete-shan, eTanaki, eDore, eIbleyam, eMegido, nakwiilali ezikufuphi nezi dolophu, kuba amaKanana ayezimisele ukuhlala apho.

28Athi ke akomelela amaSirayeli azenza izicaka zawo ezo zizwe, kodwa akazigxotha.

29NamaEfrayim zange awagxothe amaKanana awayehlala eGezere; awayeka bahlala kunye.

30AmaZebhulon nawo zange awagxothe amaKanana awayehlala eKitron naseNalali, kodwa ahlala nawo, awenza izicaka.

31Nama-Ashere zange abagxothe abemi baseAko, nabaseSidon, nabaseAlabhi, nabaseAkezibhi, nabaseHelebha, nabaseAfeki, nabaseRehobhi.

32Ngoko ke ama-Ashere ahlala nawo loo maKanana.

33Indlu kaNafetali zange ibagxothe abemi baseBhete-shemeshe nabaseBhete-anati. Loo maKanana ke ahlala namaNafetali, aba zizicaka zawo.

34AmaDan oyiswa ngama-Amori, atsho ahlala kweleentaba, akaba nako ukuhlela emathafeni.

© 1996 Bible Society of South Africa.

35Ama-Amori ayezimisele ukunganikezeli eAyalon, naseShalabhim,
nakwintaba iHeres; kodwa ke amaJosefu ada awongamela, aba zizicaka
zawo.

36Umda wama-Amori wawuhamba uye kuphuma ngenkalo yeAkrabhim, uye
kudlula eSela.

Iinkokheli 2

Isithunywa sikaNdikhoyo eBhokim

1Isithunywa sikaNdikhoyo saphuma eGiligali, saya eBhokim, saza sathi:
“Ndanikhupha kwelaseJiputa, ndanizisa kweli lizwe ndabathembisa ngalo
ooyihlo-mkhulu ngesifungo. Ndathi: ‘Andisoze ndiwaphule umnqophiso wam
nani.

2Ke nina ze ningaze nenze mnqophiso nabemi beli lizwe. Kufuneka niwadilize
amaqonga abo amadini.’ Kambe ke anenzanga ngokwelizwi endalithethayo
kuni. Yintoni le niyenzileyo?

3Ngoko ke ndiyanazisa ukuba andiyi kuzigxotha ezi zizwe. Zona ke ziya kuba
ngumgibe kuni, nirhintyelwe yindlela ezinqula ngayo oothixo bazo.”

4Sakuthetha la mazwi ke isithunywa sikaNdikhoyo, onke amaSirayeli asitsho
isikhalo.

5Ngenxa yaloo nto ke igama laloo ndawo kuthiwa yiBhokim. Khona apho
uNdikhoyo amenzela amadini amaSirayeli.

Ukufa kukaYoshuwa

6Ke kaloku uYoshuwa amaSirayeli wawandulula. Indlu nganye yaya kuthatha
esayo isabelo somhlaba esililifa layo.

7Ngalo lonke ixesha esadla ubomi uYoshuwa, amaSirayeli ambusa amnqula
uNdikhoyo. Nasekufeni kwakhe aqhubela phambili amnqula lo gama esaphila
amadoda amakhulu awayeyibone ngamehlo imimangaliso awayeyenzele
amaSirayeli uNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8UYoshuwa, unyana kaNune, isicaka sikaNdikhoyo, wabhubha xa enekhulu
elineshumi leminyaka ezelwe.

9Wangcwatywa kumhlaba olilifa lakhe eTimnata-heres kweleentaba
kwaEfrayim, ngasentla kwentaba iGahashe.

10Sakuba sitshonile sonke eso sizukulwana, kwavela sizukulwana simbi,
singamaziyo uNdikhoyo, ngokunjalo naloo misebenzi yakhe wayeyenzela
amaSirayeli.

USirayeli uyekile ukunqula uNdikhoyo

11Ke amaSirayeli amona uNdikhoyo ngokunqula ooBhali,

12asuka amfulathela uNdikhoyo, uThixo wooyise-mkhulu, uThixo
owawakhupha kwelaseJiputa. Asuka abusa thixo bambi kwizithixo zabantu
ababewangqingile. UNdikhoyo amcaphukisa ngokusuka akhahlele abuse ezo
zithixo.

13Amfulathela uNdikhoyo, asuka akhonza ooBhali nooAshtarte.

14Ngoko ke uNdikhoyo waba nomsindo, amaSirayeli wawayekela
ngeentshaba, zawahlasela ziwaphanga. Wazivulela macala onke,
zawongamela, ada akaba nako ukuzikhusela.

15Ayesithi xa ephumile aya edabini, uNdikhoyo awayekele, ngokomlomo
wakhe. Kwathi ke kwakuba nje amaSirayeli abandezeleka kunene.

16Noko ke uNdikhoyo amaSirayeli wawanika iinkokheli ezawasindisayo
kwabo babewahlasela bewaphanga.

17Kambe ke wona amaSirayeli zange azikhathalele ezo nkokheli. Ewe kaloku,
uSirayeli suka waqhogana nathixo bambi endaweni kaNdikhoyo. Ooyise bona
babeyithobele imiyalelo kaNdikhoyo, kodwa sona isizukulwana esitsha sisuke
saphuma kwelo khondo.

18UNdikhoyo ke wayesithi xa enika amaSirayeli inkokheli ayixhase
iwahlangule amaSirayeli ezintshabeni ngalo lonke ithuba lokudla kwayo

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ubomi. UNdikhoyo wayeba nenceba, kuba ayenesingqala egogoza phantsi kweengcinezelo.

19Kodwa ke kwakusithi yakubhubha inkokheli leyo, amaSirayeli abuyele kwesezolo, abe nesimo esilumezayo kunesooyise. Ayebusa anqule thixo bambi, engavumi ukwahlukana neenkani zawo, alumleke kwezo ndlela zawo zigwenxa.

20UNdikhoyo ke wayesuka abe nomsindo, athi: “Esi sizwe siwaphule umnqophiso endayalela ooyise-mkhulu ukuba siwuthobele. Ngoko ke, ngenxa yokuba singandithobeli,

21nam andiyi kuba sazigxotha ezi zizwe zashiyekayo ukufa kukaYoshuwa.

22Ndiya kuwalinga ngazo amaSirayeli, ndibone ukuba akayi kuhamba ngeendlela zam na, andithobele njengooyise-mkhulu.”

23Ngoko ke uNdikhoyo izizwe ezasalayo waziyeka apho kwelo lizwe. Kaloku uNdikhoyo ezi zizwe akazigxothanga ngokukhawuleza ngokuzinikela esandleni sikaYoshuwa.

Iinkokheli 3

Izizwe eziseleyo

1 UNdikhoyo washiya izizwe ezithile ukuze zibe luvavanyo kumaSirayeli awayengekangeni ezimfazweni kwelaseKanana.

2Le nto ke wayenza kuba efuna ukuzifundisa ngemfazwe zonke izizukulwana zamaSirayeli ezivelayo, ngakumbi ke ezo zazingazange zibe semadabini ngaphambili.

3Iintlanga ezasala kwelo lizwe ke yaba ngamaFilistiya neenkosi zawo ezintlanu, namaKanana ephela, namaSidon, namaHivi awayehlala kwiintaba zeLebhanon ukusuka kwintaba iBhali-hermon ukuya kuthi xhaxhe ngenkalo yeHamati.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Zashiyelwa ukuba kuvavanywe amaSirayeli, khon' ukuze acace ukuba azimisele na ukuyithobela imimiselo eyanikezelwa nguNdikhoyo kookhokho bawo ngoMosis.

5Ngoko ke amaSirayeli ema phakathi kwamaKanana, amaHiti, ama-Amori, amaPerezi, amaHivi, namaJebhusi.

6AmaSirayeli endiselana nazo ezi ntlanga, anqula nezithixo zazo.

UOteniyeli

7AmaSirayeli amlibala uNdikhoyo uThixo wawo, akreqa kuye, anqula ooBhali nooAshera.

8Ngoko ke uNdikhoyo waba nomsindo, waza wawayekela ngokumkani uKushan-rishatayim waseAram-naharayim,wawoyisa, aba phantsi kwakhe iminyaka esibhozo.

9Ke kaloku amaSirayeli adanduluka akhala kuNdikhoyo, waza ke yena wawathumela umkhululi. Lowo ke yayinguOteniyeli unyana kaKenazi umninawe omncinci kaKalebhi.

10Ke kaloku uOteniyeli wonganyelwa nguMoya kaNdikhoyo, waza waba yinkokheli yamaSirayeli. UOteniyeli waya emfazweni, wathiwa jize ngoloyiso nguNdikhoyo, wamoyisa ukumkani uKushan-rishatayim waseAram.

11Kwalandela amashumi amane eminyaka yoxolo ke apho, wada wafa uOteniyeli unyana kaKenazi.

UEhudi

12Aphinda amaSirayeli akreqa kuNdikhoyo. Ngenxa yeso sizathu ke uNdikhoyo womeleza uEglon ukumkani wamaMowabhi, waqina kunawo.

13UEglon ke wadibana nama-Amon nama-Amaleki, baza bawahlasela amaSirayeli, basithatha isiXeko samaSundu.

14AmaSirayeli ke aba phantsi koEglon ukumkani wamaMowabhi iminyaka elishumi elinesibhozo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

15Aphinda amaSirayeli akhala kuNdikhoyo, waza ke yena wawathumela umkhululi uEhudi, inxele, unyana kaGera wendlu kaBhenjamin. AmaSirayeli athumela uEhudi kukumkani uEglon waseMowabhi, emphathele umrhumo.

16Ke uEhudi wazenzela isabile ebazwe macala, ingamashumi amahlanu eesentimitha ubude. Wayibophelela kwithangá lakhe lasekunene phantsi kwempahla.

17Wawuthatha ke umrhumo lowo, waya nawo kuEglon, umfo owayemkhulu ngesiqu, etyebile.

18Wathi ke, akuba ewunikezele umrhumo lowo, uEhudi wawandulula loo madoda ayemphathisile, agoduka.

19Kambe ke yena wajika ngakwimifanekiso yezithixo ekufuphi neGiligali, wabuya waya kuEglon, wafika wathi kuye: “Mhlekazi, ndicela khe sihlinz' impuku.” Ngoko ke ukumkani wathi: “Shenxani!” Zaphuma ke izicaka zakhe.

20Wathi ke esahleli apho kwelo gumbi lakhe lokuphola, likumgangatho ophezulu, suka uEhudi wonda ngaye, wathi: “Ndinomyalezo wakho ovela kuThixo.” Ke yena ukumkani wema ngenyawo.

21Ngesandla sasekhohlo uEhudi warhola isabile yakhe apho wayeyifihle khona ethangéni lakhe lokunene, wayimilisela kweso sisu sikakumkani.

22Yatshona yonke nywam nesiphatho sayo, yawagramza ayifihla loo mateketeke amanqatha. UEhudi wayiyeka apho, waza ke yena waya kuphuma ngasemva,

23waluvala ucango, watshixa,

24wemka. Izicaka ke zeza, zaza zakusondela zabona tyhini iingcango zitshixiwe, zacinga ukuba fana ukumkani ulapho ngaphakathi, ese.

25Zakha zalinda umzuzu omde ucango lungavulwa. Zada zancama, zathatha izitshixo, zavula. Tyhini! Nanko umhlekazi ethe gangalala apho phantsi, itshoba lilel' umbethe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

26Zathi zisathingaza izicaka zikakumkani, wesuka wemka yena uEhudi, waya
kugqitha kuloo mifanekiso yezithixo, waya kutsho eSeyira.

27Wathi akufika kweleentaba lakwaEfrayim wavuthela isigodlo, ahlangana
amaSirayeli, wawakhokela wehla nawo kwezo nduli.

28Wathi kuwo: “Yizani! UNdikhoyo uzinikele ezandleni zenu iintshaba zenu
amaMowabhi.” Ngoko ke amaSirayeli ehla, ekhokelwa nguEhudi, aza
awalalela amaMowabhi emazibukweni ayeza kuyiwela ngawo iJordan; avala
ke apho, akwawela nendoda enye le.

29Ngaloo mihla ke abulala kwisithuba seshumi lamawaka awona majoni
omeleleyo anobukroti omkhosi wamaMowabhi; zange kusinde nelinye.

30Ewe, ngaloo mihla amaSirayeli awoyisa amaMowabhi, kwaza ke
kwalandela iminyaka yenzolo engamashumi asibhozo.

UShamgare

31UEhudi walandelwa nguShamgare unyana ka-Anati. Naye ke wawakhulula
amaSirayeli. Wabulala amaFilistiya angamakhulu amathandathu ngesixhobo
sokuqhuba iinkomo esifana nomkhonto.

Iinkokheli 4

UDibhora noBharaki

1Akuba engasekho uEhudi amaSirayeli aphinda akreqa kuNdikhoyo.

2Ngoko ke uNdikhoyo wawayekela oyiswa nguJabhin, ukumkani
wamaKanana owayehlala eHazore. Injengele yomkhosi wakhe yayinguSisera
owayehlala eHarosheti-hagoyim.

3UJabhin lo ke wayenamakhulu alithoba eenqwelo ezenziwe ngentsimbi.
AmaSirayeli wawaphatha gadalala isithuba samashumi amabini eminyaka.
AmaSirayeli ke asuka azibika kuNdikhoyo.

4Ke kaloku umshumayelikazi uDibhora umka-Lapidoti waba yinkokheli
kwaSirayeli ngelo thuba.

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Inkundla yakhe yayiphantsi komthi wesundu ekwakusithiwa ngokaDibhora kweleentaba lakwaEfrayim phakathi kweRama neBhetele. Ke wona amaSirayeli ayesiya kuye ukuze awacombululele imicimbi yawo.

6UDibhora wathumela wabiza uBharaki unyana ka-Abhinowam eKedeshe kwaNafetali. Wathetha naye wathi: “Nanku umyalelo ophuma kuNdikhoyo uThixo kaSirayeli: Qokelela ishumi lamawaka amadoda kwaNafetali nakwaZebhulon, uhambe nawo uye kwintaba iTabhore.

7Ke mna ndiya kumenza uSisera, injengele yomkhosi kaJabhin, eze kuwe kumlambo iKishon. Uya kuba exhobile, eneenqwelo namabutho akhe, kodwa ke ndiya kumnikela esandleni sakho.”

8UBharaki ke waphendula wathi: “Kulungile, ukuba siza kuhamba kunye, kodwa ukuba akuyi wena, nam andiyi.”

9Ke yena wathi: “Ewe, ukuhamba oku ndiya kuhamba, kodwa ke uze wazi ukuba udumo lwale mfazwe aluyi kuza kuwe, kuba uNdikhoyo uya kumnikela emfazini uSisera lowo.” Ngoko ke uDibhora waya eKedeshe ehamba noBharaki.

10UBharaki wazibizela eKedeshe izizwe zakwaZebhulon nakwaNafetali. Wahamba neshumi lamawaka lamadoda, ekhatshwa nguDibhora.

11Ngaloo mihla uHebhere umKeni wayemise intente yakhe eKedeshe kufuphi nomthi omkhulu wom-oki eZananim. Yena wafuduka kumawabo, inzala kaHobhabhi usibali kaMosis.

12Akuxelelwa uSisera ukuba uBharaki unyana ka-Abhinowam unyuke intaba iTabhore,

13wawuqokelela umkhosi wakhe, amakhulu alithoba eenqwelo, nawo onke amadoda akhe, wawakhupha eHarosheti-hagoyim, waya nawo kumlambo iKishon.

© 1996 Bible Society of South Africa.

14UDibhora ke wathi kuBharaki: “Phambili! UNdikhoyo uyakukhokela. Yiyo le imini amnikele ngayo esandleni sakho uSisera.” Wehla ke uBharaki apho entabeni iTabhore, enelo shumi lamawaka amadoda.

15Akuhlasela uBharaki, uNdikhoyo wamtsho wadideka uSisera ndawonye naloo mkhosi wakhe uneenqwelo. USisera ke wehla kuloo nqwelo yakhe, wabaleka ngeenyawo.

16Lo mkhosi uneenqwelo ke uBharaki wawusukelisa, wesa eHarosheti-hagoyim. Umkhosi kaSisera watshatyalaliswa wonke, akwasala nempunde le.

17USisera wabalekela ententeni kaJayeli, umka-Hebhere umKeni, kuba ukumkani uJabhin waseHazore wayevana nendlu kaHebhere.

18UJayeli waphuma wahlangabeza uSisera, waza wathi kuye: “Yiza, mhlekazi; ngena apha kwam, ungoyiki.” Wangena ke, waza uJayeli wamfihla ngaphaya komkhusane.

19Wathi kuye: “Khawuncede undiphe amanzi; ndinxaniwe.” Ke yena wamthululela amasi entsubeni, wamnika wasela, waza waphinda wamqhusheka.

20USisera wathi: “Yima emnyango. Xa kukho umntu obuzayo ukuba akungenanga ndoda na apha ententeni, yithi: ‘Hayi.’ ”

21USisera wasuka wee yoyi bubuthongo. Ke yena uJayeli wathatha isando nesikhonkwane sentente, wachwechwa waya kuye, wafika wabethelela isikhonkwane eso entloko kuSisera, saza saya kuphumela kwelinye icala, wafa ke uSisera.

22Wathi akufika uBharaki, esukela uSisera, uJayeli waphuma wamhlangabeza, wathi kuye: “Yiz' apha ndikubonise lo mntu umfunayo.” Wangena naye ke uBharaki, waza wamfumana uSisera edunduluze apho ententeni efile, isikhonkwane sentente sibethelelwe entloko.

23Ngaloo mini ke uThixo amaSirayeli wawoyisela uJabhin ukumkani wamaKanana.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

24Amandla amaSirayeli aya esanda ngokwanda ukuba ngqongqo kuJabhin,
ada amtshabalalisa.

Iinkokheli 5

Ingoma kaDibhora noBharaki

1Ngaloo mini ke uDibhora noBharaki unyana ka-Abhinowam bahlabela le
ngoma:

2AmaSirayeli atyeda ngokuzimisela; abantu basukela phezulu ngokuzinikela!
Dumisani uNdikhoyo, nina mafa-nankosi!

3Inzwi kuni, nina bokumkani! Khanithi cwaka ke nani, matshawe, khe
ndidanduluke ngengoma nombongo, khe ndimemelele nditsho ngoncuthu,
ndidumis' uNdikhoyo uThixo kaSirayeli.

4Wena Ndikhoyo, wathi wakuphuma kwaSeyire, mhla wandolos' ushiy'
iEdom, suk' umhlaba wanyikima, az' amazulu anyembezana, ke won' amaf'
achaphaz' amanzi.

5Ewe, iintaba zasuka zaqhaqhazela phay' eSinayi phambi koNdikhoyo;
nditsho uNdikhoyo uThixo kaSirayeli!

6Ngemihla kaShamgare unyana ka-Anati, nditsho ngezo mini zikaJayeli,
abahambi banqaba bada banqamka, abantu sebegwegweleza ngezaa ndlela.

7Emaphandleni kwakukhal' ibhungane, iilali zakwaSirayeli zazingamaphanga,
de kwavela mna Dibhora njengesikhukukazi.

8Suka bathatha thixo bambi, yaz' imfazwe yamrhewula uSirayeli. Kweso sine
samawak' amaSirayeli, ikhaka nomkhonto zange ziphakanyiswe.

9Kuthi mandityibele ndityondyothele kwezo ngqwayi-ngqwayi zikaSirayeli,
ndibong' amatsha-ntliziyo ngokuzilahlela ngokuzinikela. Dumisani
uNdikhoyo, nina mafa-nankosi!

10Nina bakhwel' iidonki ezimhlophe; nina bahlala kwezingayiway' iisali,
ngokunjalo nani bahamba ngeenyawo, zinyamekeleni ezi zinto, nicamngce
ngazo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Khawuve ke, nal' ugwijo lweemvum' emaquleni! Zibhiyozel' uloyiso
lukaNdikhoyo: uloyiso lwabantu bakh' amaSirayeli. Suk' abantu
bakaNdikhoyo bangqisha, benjenjeya ukuya emasangweni.

12Vuka! Khawuvuke, Dibhora! Vuka uhlabele ingoma! Phakathi, Bharaki
nyana ka-Abhinowam! Uz' ubuy' urhuq' abathinjwa!

13Yaza ke yavel' imingqandand' emva kweengqwayi-ngqwayi, abakaNdikhoyo
beza kum kunye namagorha.

14Baphuma kwaEfrayim baya kutsho entilini, ezinyaweni zabo inguBhenjamin
namawabo; iingqwayi-ngqwayi zeza ziphuma kwaMakire, zona izithwala-
ndwe zivela kwaZebhulon.

15Amatshawe akwaIsakare eza noDibhora; ewe, uIsakare wema noBharaki,
bamlandela baya kutsho entilini. Kambe ke amaRubhen esuka athandabuza;
ewe, wona esuka amathidala.

16Ngani ukuba nisale ezigusheni? Ukuze niv' abelusi bentyontyel' imihlambi?
Ewe, amaRubhen asuka athandabuza, ke wona asuka aba mathidala.

17AmaGiliyadi asala phesheya kweJordan. Ngani na ukuba uDan ashiyeke
ezinqanaweni? Yena uAshere wasal' elunxwemeni lolwandle; ewe, walibala
ngaselunxwemeni.

18AmaZebhulon abeke ubomi babo esichengeni; ngokunjalo namaNafetali
adela ukufa emaphandleni.

19ETanaki ngakwintlambo yeMegido, ookumkani bahlangana khona
bangquzulana; ewe, izikumkani zamaKanana zalwa, kodwa akukho ntimbo
yasiliva zayifumanayo.

20Iinkwenkwezi esibhakabhakeni, zona zihamba ngendlela yazo, nazo
zahlasela, zisilwa noSisera.

21Ke zona iimpuphuma zeKishon zabakhukulisa; ewe, iKishon umlambo
wakudala. Phambili, yomelela, mphefumlo wam!

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22Iinkabi zamahashe zeza ziqakatha zigqabadula, zingqisha zigqekreza ngezo mpuphu!

23Isithunywa sikaNdikhoyo sithi: “Mayibe lishwangusha kwaMerozi! Mabambathwe lilishwa abemi bayo! Kaloku bazibandezile abamsiza uNdikhoyo; abancedisanga bawadudule amagorha.”

24Uthamsanqelekile ke yena uJayeli, umfazi kaHebhere umKeni. Yena yimaz' ehlal' ezintenteni. Hay' ithamsanqa lakho, mfazindini!

25Wath' uSiser' efun' amanzi wamfak' amasi, wamnik' ingqaka ngengayiway' indebe!

26Wathath' isikhonkwane ngesandla, wee hlas' isando ngesinye; hlifi-i-i wamntlekez' uSisera, wasihloma saphumela kolo khakhayi!

27Ewe, wambetha wafinyela wafohleka; wamtsho wanaba tswii ezinyaweni zakhe, wawa waqotha-qotheka ezinyaweni zakhe, suka watoshalaza, yaphel' intw' ibithethwa!

28Unina wankolo-nkoloz' ejong' enkalweni; unakaSisera wanyondl' ezifestileni: “Iinqwelo zakhe zilibele phi, bethu? Ngan' ukuba acothe kangak' amahashe?”

29Intokaz' eyingqondi yamthomalalisa, watsho naye waziv' ethuthuzelekile:

30“Hayi, mhlawumbi baxakeke kukwab' amaxhoba: Imbelukazi, hayi, zimbini kwijoni ngalinye; kuSisera lilaph' elitofo-tofo elimabala-bala, elenkosazana liqhwaqhwalal' eliqhoqhonyiweyo.”

31Ewe, siyavuma, Ndikhoyo, makube njal' ukufa kweentshaba zakho! Ke bona abakuthandayo mabaqaqambe njengelanga xa liphumayo! Emva koko ke kwalandela amashumi amane eminyaka yenzolo.

Iinkokheli 6

UGidiyon

1Kwakhona amaSirayeli aphinda akreqa kuNdikhoyo, waza ke wawanikela ezandleni zamaMidiyan iminyaka esixhenxe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

2AmaMidiyan la ke ayewaphatha gadalala amaSirayeli. Ngoko ke amaSirayeli
azenzela iindawo zokuzimela ezintabeni emiqolombeni nasemaweni ngenxa
yokoyika amaMidiyan.

3AmaSirayeli ayesithi akulima, afike amaMidiyan nama-Amaleki neentlanga
zasempumalanga awahlasele.

4Ezi ntlanga zazifika zimise kwimida yamaSirayeli, zizitshabalalise zonke
izilimo, ziyokuma ezantsi ngaseGaza. Zazithimba konke okushukumayo:
iigusha, iinkomo, needonki, zingawashiyeli nento le amaSirayeli.

5Zazisiza nemfuyo, neentente zazo, kutsho kunyakaze ngathi libubu
leenkumbi. Lo mkhosi ke ukunye nezo nkamela wawusuka ube yinyambalala.
Wawusuka ulitshabalalise ilizwe lonke,

6-7kangangokuba ahlwempuzeka amaSirayeli engenakwenza nto. Ngenxa yale
mpatho yamaMidiyan ke amaSirayeli azibika kuNdikhoyo.

8Ke yena wawathumela umshumayeli owathi: “Utsho uNdikhoyo uThixo
kaSirayeli ukuthi: ‘Ndanikhupha eJiputa, ilizwe enaningamakhoboka kulo.

9Ndanihlangula kumaJiputa nakwiintlanga ezanicinezelayo kweli lizwe.
Ndazigxotha xa ningenayo, ndaza ndaninika umhlaba wazo.

10Ndaniyala ndathi: “Mna ndinguNdikhoyo uThixo wenu; ningaze niboyike
oothixo bama-Amori enihlala emhlabeni wawo.” Kuloo nto yonke ke
anindiphulaphulanga.’ ”

11Ke kaloku isithunywa sikaNdikhoyo saya kwilali yaseOfra, safika sahlala
phantsi komthi wom-oki owawungokaJowashe, umfo womzi ka-Abhiyezere.
Unyana wakhe uGidiyon wayebhula ingqolowa esixovulweni seediliya khon'
ukuze angabonwa ngamaMidiyan.

12Isithunywa eso ke sabonakala kuye sathi: “UNdikhoyo unawe, gorhandini
lomeleleyo!”

13UGidiyon wathi kuso: “Ngxe, Mhlekazi! Ukuba uNdikhoyo unathi, kungani
ukuba sihlelwe zizinto ezinje? Zaya phi eza zigigaba zezinto ezimangalisayo

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

sasihlala sibaliselwa ngazo ngoobawo, kusithiwa uNdikhoyo wayezenza – ezo wazenzayo nasekubakhululeni kwakhe eJiputa? Kungokunje uNdikhoyo usilahlile; usinikele ezandleni zamaMidiyan.”

14UNdikhoyo ke wabheka kuye, wathi: “Hamba ngala mandla unawo, uwasindise amaSirayeli ezandleni zamaMidiyan. Kaloku ndim okugunyazisayo.”

15UGidiyon wathi: “Camagu, Nkosi yam, ndingawahlangula njani na amaSirayeli? Umzi wakowethu ungento nje kwaManase, nam ndingongazelwe nto kowethu nje?”

16UNdikhoyo waphendula wathi: “Ndiya kuba nawe. AmaMidiyan uya kuwatshayela, abe ngathi kuwe angumntu omnye.”

17UGidiyon waphendula wathi: “Ukuba ungakum, nceda undenzele umqondiso wokuba nguwe Ndikhoyo lo uthetha nam.

18Nceda, sukumka de ndibuye nomnikelo, ndiwubeke phambi kwakho.” Saphendula sathi: “Hayi ke, ndiza kuhlala apha ude ubuye.”

19UGidiyon ke waya kuxhela ibhokhwe esencinci, wayipheka. Wenza nesonka ngomgubo oziikhilogram ezilishumi. Intlama leyo zange ayidibanise nagwele. Inyama leyo wayifaka ebhaskitini, waza wawuphatha ngembiza umhluzi; waya nazo ezo zinto kwisithunywa sikaNdikhoyo esasiphantsi komthi wom-oki.

20Ke sona sathi kuye: “Inyama leyo nesonka zibeke phezu kweli litye, uzigalele umhluzi.” Wenjenjalo ke uGidiyon.

21Ke sona isithunywa eso sachukumisa inyama leyo nesonka ngentonga esasiyiphethe. Kwaqhambuka umlilo elityeni, wayilenya inyama leyo kunye nesonka eso. Emva koko isithunywa saphel' emehlweni.

22Waqonda ke uGidiyon ukuba sisithunywa sikaNdikhoyo esi asibonileyo. Wavakala esithi: “Yhuu, Ndikhoyo, Ngangalala! Isithunywa sikaNdikhoyo ndisibone ubuso ngobuso!”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

23Waphendula ke uNdikhoyo wathi: “Xola, ungatatazeli; awuzukufa.”

24Ke uGidiyon wakhela uNdikhoyo iqonga lamadini kuloo ndawo, wathi igama lalo nguNdikhoyo-uluxolo. (Lisekhona ke nangoku eOfra, engumhlaba womzi ka-Abhiyezere.)

25Ngobo busuku ke uNdikhoyo wayalela uGidiyon wathi: “Thatha inkunzi yenkomo kwezikayihlo, nditsho le yesibini, le inesixhenxe seminyaka. Uzulidilize ke iqonga likayihlo elakhelwe uBhali, unqunqe nomfanekiso womthi wesithixokazi uAshera osecaleni kweqonga elo.

26Yakhela uNdikhoyo iqonga encotsheni yale nqaba, wenze idini elitshiswayo ngenkunzi yesibini leyo, ubase ngalaa mfanekiso ka-Ashera uwunqunqileyo.”

27UGidiyon wathatha amadoda alishumi kwizicaka zakhe, wenza ngokomlomo kaNdikhoyo. Lo msebenzi ke wawenza ngobusuku, kuba esoyika amawabo nabamelwana.

28Bavuka ngentsasa elandelayo abantu baloo lali: nâlo iqonga likaBhali lidiliziwe, nomfanekiso ka-Ashera unqunqiwe, kwaza kwenziwa idini ngenkunzi yenkomo yesibini kwelo qonga lakhiwe kuloo ndawo!

29Babuzana ke bathi: “Ngubani na owenze le nto?” Bawuphanda ke lo mcimbi, beva kusithiwa: “NguGidiyon unyana kaJowashe owenze le nto!”

30Bathetha noJowashe ke, bathi: “Mkhuphe unyana wakho, simbulale! Udilize iqonga likaBhali, wawunqunqa umfanekiso ka-Ashera obungakulo.”

31UJowashe wathi kuloo madoda ayemrharhamela: “Kanti ngoku seningakuBhali? Nini abamkhuselayo? Wonke umntu ongakuBhali uza kufa kungekasi. Ukuba uBhali nguthixo makazilwele; kaloku kudilizwe iqonga lakhe.”

32Ukusukela ngoko ke uGidiyon kwathiwa nguJerubhali, kuba uJowashe ethe: “UBhali makahlanganise, kuba liqonga lakhe elidiliziweyo.”

33Ahlanganisana ke amaMidiyan nama-Amaleki nezizwe zasempumalanga, baza bawela iJordan, baya kumisa kwintili yaseYizereli.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

34UGidiyon wagutyungelwa nguMoya kaNdikhoyo, wakhalisa isigodlo
ememeza amawabo omzi ka-Abhiyezere ukuba abophelele amlandele.

35Wathumela izigidimi ukuba abizwe eze kuye amadoda onke akwaManase.
Wathumela nakwa-Ashere, kwaZebhulon, nakwaNafetali, zaza ke zeza nezo
zindlu.

36UGidiyon wathi ke kuThixo: “Ukuba ngenene uza kuhlangula amaSirayeli
ngesandla sam naku ke endiza kukwenza:

37Ndiza kubeka uboya begusha phaya esandeni sengqolowa. Ukuba ke kuse
ibuboya obo bodwa obunombethe, ungekho kodwa emhlabeni, ndiya
kuqonda ke ukuba ngenene uza kuwahlangula ngesandla sam amaSirayeli.”

38Kwaba njalo ke. Ngengomso wathi akubukhama obo boya kwaphuma
ingqayi yonke yamanzi.

39Ngoku ke wathi uGidiyon kuThixo: “Ungakhathazeki; mandiphinde ndenze
esinye isicelo. Nceda undiqinisekise kwakhona ngobu boya. Kwesi isihlandlo
ndifuna uboya bome qoko, kodwa wona umhlaba ube manzi.”

40Ngobo busuku ke uThixo wayenza loo nto. Ngengomso kwasa uboya
bomile, ke wona umhlaba wonke umanzi ngumbethe.

Iinkokheli 7

UGidiyon woyisa amaMidiyan

1UJerubhali, oko kukuthi uGidiyon, nawo onke amadoda akhe bavuka
ngentseni, baya kumisa ngakumthombo waseHarodi. Ke yona ikampu
yamaMidiyan yayikwintili engentla kwabo ngakwinduli yeMore.

2 UNdikhoyo wathi kuGidiyon: “La madoda unawo maninzi gqitha;
andingekhe ndiwanikele ezandleni zawo amaMidiyan, hleze aqhayise athi:
‘Sizizuzele ngawethu amandla olu loyiso.’

3Ngoko ke thetha nawo uthi: ‘Nabani na ogubhayo luloyiko
makagoduke, anyebeleze emke apha kwiintaba zeGiliyadi.’ ” Akuba etshilo ke

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

kwajika amashumi amabini amawaka, kwaza kwasala ishumi lamawaka kuphela.

4UNdikhoyo waqhuba wathi kuGidiyon: “Nangoku asemaninzi la madoda unawo. Yihla nawo uye emfuleni; ndiza kuwaphungula. Ke indoda endithe mayihambe nawe, yohamba, kodwa endithe mayisale, mayisale.”

5UGidiyon ke waya nawo emanzini apho, waza uNdikhoyo wathi kuye: “Wahlula-hlule la madoda; yonke indoda esela amanzi ngokuwakha ngesandla, ngathi yinja ixhaph' amanzi, yahlule kuleyo icambalalayo xa iselayo.”

6Ke kaloku amadoda awakha ngezandla amanzi xa aselayo aba ngamakhulu amathathu; aza ke amanye lawo acambalala xa aselayo.

7UNdikhoyo ke wathi kuGidiyon: “Uyabona ke ngoku ndiza kunihlangula ngala makhulu mathathu axhapha amanzi, ndiwanikele ezandleni zakho la maMidiyan. Amanye la amadoda makagoduke.”

8Ngoko ke uGidiyon wawagodusa amaSirayeli, ngaphandle kwalaa makhulu mathathu awawugcina umphako ngokunjalo nezigodlo ebezize namanye. Ke wona amaMidiyan ayemise kwintili esezantsi kwabo.

9Ngobo busuku ke uNdikhoyo wathetha noGidiyon wathi: “Yihla uye ekampini yamaMidiyan; ndiwanikela esandleni sakho.

10Kambe ke, ukuba uyoyika, khawuthathe isicaka sakho uPura, niye kuwakrobela.

11Uya kuthi wakuziva iincoko zawo utsho ube nesibindi, uwahlasele.” Ngoko ke uGidiyon noPura isicaka sakhe behla baya kutsho emdeni wekampu yotshaba.

12AmaMidiyan nama-Amaleki nezizwe zasempumalanga babethe saa kuloo ntili, sebengathi libubu leenkumbi; kanti ke neenkamela zabo zaziyinyambalala engenakubalwa enjengentlabathi elunxwemeni lolwandle.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Wafika uGidiyon xa kanye indoda ilawulela uwayo iphupha layo, isithi:
“Ndiphuphe kuqengqeleka isonka serhasi; senze uqulukubhode sada saza
kufika apha kulo mkhosi wethu, sabhodloza enye intente, sayibetha
yasisicaba.”

14Uwayo lowo ke uthe ukuphendula: “Tyhini, mfondini; nanjani na, lowo
ngumkhonto kaGidiyon unyana kaJowashe, umfo wakwaSirayeli. Loo nto ke
ithetha ukuba lo mkhosi wamaMidiyan uphela uThixo uwunikela kuye.”

15UGidiyon akuliva eli phupha lalo mfo ngokunjalo nokuchazwa kwalo,
wasuka wee guqaqa wanqula uThixo. Emva koko ke wabuyela
kwakumaSirayeli, wafika wathi: “Qulani niye; uNdikhoyo uwunikele
esandleni senu umkhosi wamaMidiyan.”

16Loo madoda omkhosi wakhe omakhulu mathathu wawahlula-hlula
kathathu, waza indoda nganye wayinika isigodlo nengqayi enesikhuni
esivuthayo ngaphakathi.

17Wawayala wathi: “Ze nindiqwalasele, nithi sakusondela phaya ekampini
yotshaba, nenze loo nto ndiyenzayo.

18Xa mna neqela lam sikhalisa izigodlo nani ze nenjenjalo, nijikeleze loo
kampu, ngokunjalo nikhwaze nithi: ‘Iwu-u-u, watsh' umkhonto kaNdikhoyo
nokaGidiyon!’ ”

19UGidiyon nelo khulu lakhe lamadoda waya kufika emdeni wekampu
yotshaba, kancinane nje phambi kobhadakazi ebusuku, kanye emva
kokutshintshwa kwabalindi. Ke kaloku basuka batsho ngomtyangampo
bekhalisa amaxilongo, bazikroboza nezo ngqayi babeziphethe.

20Omathathu amaqela ke enza kwaloo nto. Ngezandla zawo zokhohlo athi
qhiwu ezo zikhuni zivuthayo; zaye izigodlo zikwesokunene, ekhwaza esithi:
“Iwu-u-u, watsh' umkhonto kaNdikhoyo nokaGidiyon!”

21Onke ke loo madoda abamb' uhlelo, ewujikelezile loo mkhosi wotshaba,
waza ke wacela kooxhongo, uhamba ubhomboloza.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22Kwathi ke kuloo ntswahla yayisenziwa ngamadoda kaGidiyon ngezigodlo zawo uNdikhoyo wawubetha wancitheka umkhosi wotshaba, walwa wabulalana wodwa. Wabaleka ke, waya ngaseZerera, waya kufikelela eBhete-shita, ukuya kutsho eAbhele-mehola kufuphi neTabhata.

23Kwesi sithuba ke nazo izizwe zakwaNafetali, kwa-Ashere, nakwaManase macal' onke, zahlatyelwa umkhosi, zeza nazo zawasukelisa amaMidiyan.

24UGidiyon wathumela izigidimi kulo lonke eleentaba lakwaEfrayim, esithi: “Yihlani nize kulwa namaMidiyan. Vingcan' amazibuko eJordan nasezintlanjeni nide niye kufika eBhete-bhara, khon' ukuze angaweli amaMidiyan.” AmaEfrayim eza ngendlu yawo, aza ke ayivingca iJordan neentlambo zayo ukuya kuthi xhaxhe ngeBhete-bhara.

25Azibamba zombini iinkosi zamaMidiyan, uOrebhe noZebhe. UOrebhe ambulalela kwiliwa likaOrebhe, ke yena uZebhe ambulalela kwisixovulelo-diliya sikaZebhe. Awasukela amaMidiyan, aza eza nentloko kaOrebhe nekaZebhe kuGidiyon owayengekayiweli iJordan ngelo xesha.

Iinkokheli 8

Ukoyiswa kwamaMidiyan

1Ke kaloku amaEfrayim athi kuGidiyon: “Bekutheni ukuze ungasibizi thina ukuphuma kwakho usiya kulwa namaMidiyan? Ngani ukuba usiphathe kanje?” Amxoxisa ngamandla.

2Ke yena waphendula wathi: “Ukukhwahlaza kwenu, maEfrayim, kube nengeniso egqithe lé kwisivuno sethu, thina ndlu ka-Abhiyezere.

3Kaloku uThixo uzinikele ezandleni zenu zombini iinkosi zamaMidiyan, uOrebhe noZebhe. Ngaba yintoni na mna endiyenzileyo egqithe oko nikwenzileyo nina?” Akuba etshilo ke yadamba ingqumbo yamaEfrayim ngakuGidiyon.

4Ngeli thuba ke uGidiyon nomkhosi wakhe omakhulu mathathu bafika kwiJordan. Nakuba babediniwe bayiwela, bawasukela amaMidiyan.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5Bakufika eSukoti uGidiyon wathi kubantu bakhona: “Umkhosi wam udiniwe;
khaniwuphe isonka, kuba ndisukela ookumkani bamaMidiyan uZebha
noZalmuna.”

6Amadoda amakhulu aseSukoti ala, athi: “Yini le? Ngaba sewuboyisile
ooZebha noZalmuna, khon' ukuze umkhosi wakho siwunike isonka?”

7UGidiyon ke wathi: “Hayi ke, kulungile! Akuba ebanikele kum uNdikhoyo
ooZebha noZalmuna, nina ndiya kuniphala ngameva nenkunzane.”

8Wagqitha ke waya kutsho ePenuweli, nalapho ke wenza kwaeso sicelo
kubantu balapho; nabo ke bamphendula kwangolo hlobo lwamaSukoti.

9Wathi ke kubo: “Akukho nto. Ndiza kubuya xa ndiloyisile utshaba, ndaye ke
ndakuba ndibuyile ndiya kuyidiliza le nqaba yenu.”

10Ke uZebha noZalmuna nomkhosi wabo babeseKarekore. Kuloo mkhosi
wabantu basempumalanga kwakuwe amadoda akwisithuba samawaka
alikhulu elinamashumi amabini, kwasala ishumi elinesihlanu lamawaka
kuphela.

11UGidiyon ke wenjenjalo ukumka ngaloo ndlela yabemi basentlango,
ngakwimpuma yeNobha neJogebheha, waza wawuqubula loo mkhosi,
wawoyisa.

12Ke bona ookumkani abo, uZebha noZalmuna, babaleka, waza ke
wabasukela wababamba, watsho nomkhosi wabo warhwaqela.

13Ekubuyeni kwakhe kwelo dabi uGidiyon unyana kaJowashe wahamba
ngendlela eqabela kwinkalo yeHeres,

14waza wabamba umfana waseSukoti, wamncina ngemibuzo. Lo mfana
wabhalela uGidiyon amagama amadoda amakhulu angamashumi asixhenxe
anesixhenxe aseSukoti.

15UGidiyon ke waya kumaSukoti, wafika wathi: “Naba ke uZebha noZalmuna
enaniphoxisa ngam ngenxa yabo, nisithi: ‘Ngaba sewuboyisile na ooZebha
noZalmuna, le nto selufuna siwunike isonka umkhosi wakhe odiniweyo?’ ”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Ngoko ke wathatha ameva nenkunzane, wawaphala ngayo, ewafundisa isifundo amadoda amakhulu aseSukoti.

17Wayidiliza nenqaba yasePenuweli, wawabulala amadoda akhona.

18UGidiyon wabuza uZebha noZalmuna wathi: “Ayeluhlobo luni na laa madoda nawabulalayo eTabore?” Ke bona baphendula bathi: “Ayefana nawe lowo kanye – onke ayengathi ngoonyana bokumkani.”

19UGidiyon wathi: “Yayingabantakwethu abazalwa ngumama. Inene, ndiyafunga, ekho nje uNdikhoyo, ukuba naningawabulalanga bendingazukunibulala nani ngoku.”

20Wayalela unyana wakhe omkhulu, uYetere, wathi: “Khwela kubo; babulale!” Kodwa ke inkwenkwe leyo yoyika, ayabinza, kuba yayiselula.

21UZebha noZalmuna bathi ke kuGidiyon: “Sibulale ngokwakho; kaloku indoda ibonakala ngamandla ayo.” UGidiyon ke wababulala, waza wazithatha izihombiso ezazisezintanjeni zeenkamela zabo.

UGidiyon uzenzela isidanga sonqulo

22Emva koko ke amaSirayeli acela uGidiyon athi: “Masesilawulwa nguwe nenzala yakho. Kaloku nguwe osihlanguleyo kumaMidiyan.”

23Ke yena waphendula wathi: “Hayi, soze nilawulwe ndim nangunyana wam, koko niya kulawulwa nguNdikhoyo.”

24Waqhuba ke wathi: “Mandicele le nto apha kuni: umntu ngamnye makandiphe icici alifumeneyo lisisabelo sakhe sempahla ethinjiweyo.” (Kaloku amaMidiyan, engamaIshmayeli nje, ayefaka amacici.)

25AmaSirayeli aphendula athi: “Kulungile, siyavuma ukuyenza loo nto.” Baneka ingubo phantsi, yaza ke yangulowo nalowo wabeka kuyo icici alifumeneyo.

26Loo macici egolide awawafumanayo ke uGidiyon aba kwisithuba samashumi amabini eekhilogram ubunzima bawo, ngaphandle kwentsimbi

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

yokuhombisa, amaso, namalaphu amsobo ookumkani bamaMidiyan, nangaphandle kwezihombiso ezazifakwa ezintanyeni zeenkamela.

27Ke uGidiyon wayithatha loo golide, wenza isidanga sonqulo ngayo, wasibeka apho kowabo eOfra. Onke ke amaSirayeli akreqa kuThixo ngenxa yeso sidanga. Le nto yaba ngumgibe kuGidiyon nomzi wakowabo.

28Kwaba njalo ke ukoyiswa kwamaMidiyan, akaba savusa mnyele. Ilizwe elo ke lafumana amashumi amane eminyaka yenzolo ngemihla kaGidiyon.

Ukufa kukaGidiyon

29Ke kaloku uJerubhali, uGidiyon unyana kaJowashe, wagoduka waya kuhlala ekhaya.

30Oonyana bakhe babengamashumi asixhenxe; kuba kaloku wayenabafazi abaninzi.

31Futhi ke wayenenkazana eShekem; yona ke yazala unyana, waza wamthiya igama elinguAbhimeleki.

32UGidiyon ke unyana kaJowashe wasweleka selekhulile, waza wafihlwa kwingcwaba likayise uJowashe eOfra, idolophu yama-Abhiyezere.

33Emva kokusweleka kukaGidiyon ke amaSirayeli zange anyaniseke kuThixo, asuka anqula ooBhali. Asuka athi phithi nguBhali womnqophiso, emenza isithixo sawo,

34akaba samkhumbula uNdikhoyo uThixo wawo, owayewahlangule kuzo zonke iintshaba ezaziwaphahlile.

35AmaSirayeli zange anyaniseke kumzi wakuloJerubhali (uGidiyon ukutsho) ngenxa yobulungisa owawubenzele bona.

Iinkokheli 9

UAbhimeleki

1Unyana kaJerubhali uAbhimeleki waya eShekem kooninalume, wafika wathetha nabo nemizalwana yonke yendlu kayise nonina, wathi:

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

2“Khanithethe nabemi baseShekem xa bebonke, nithi: ‘Nikhetha ntoni na:
kukho ukuphathwa ngabo bonke oonyana bakaJerubhali abangamashumi
asixhenxe, okanye ukulawulwa nguye abe mnye?’ Khumbulani ukuba
ndingumntakwenu.”

3Ooninalume ke bamthethelela kubemi baseShekem, baza ke nabo bavuma,
kuba babesithi: “Ngumntakwethu.”

4Bamnika amashumi asixhenxe eesiliva ababeyithathe endlwini ekunqulelwa
kuyo uBhali womnqophiso, waza yena waqesha ngayo iindlavini ukuba zibe
ngamahlakani akhe.

5Waya nazo kowabo eOfra, waza ke wababulala bonke oonyana bakayise,
ebabulalela phezu kwelitye elinye. Kambe ke yona inci kaJerubhali uYotam
yazimela yaza yasinda.

6Baphuma ke abemi baseShekem nabo bonke abaseBhete-milo,
bahlanganisana baya kumthi omkhulu wom-oki oseShekem, bammisela
khona uAbhimeleki waba ngukumkani wabo.

7Akuyiva le nto uYotam waqabela kwintaba iGerizim, wakhwaza wathi:
“Inzwi! Ndiphulaphuleni, maShekem! NoThixo mhlawumbi
anganiphulaphula!

8Imithi yazimisela ukuzithambisela ukumkani. Yathetha nomnquma, yathi:
‘Yiba ngukumkani wethu.’

9Ke wona waphendula wathi: ‘Ngaba nifuna ndiyeke ngoku ukuvelisa
amafutha abadunyiswa ngawo uThixo nabantu, khon' ukuze ndiyongamele
eminye imithi?’

10Yaza ke imithi yathetha nomkhiwane, yathi kuwo: ‘Yiza ube ngukumkani
wethu.’

11Ke wona waphendula wathi: ‘Ngaba nifuna ndiyeke ukuvelisa ezi ziqhamo
zimnandi kunene, khon' ukuze ndiyongamele eminye imithi?’

12Yaza ke ngoku imithi yathi kumdiliya: ‘Yiba ngukumkani wethu.’

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Wona ke wathi: ‘Ngaba nifuna ndiyeke ukuvelisa iwayini le yonwabisa
uThixo nabantu, khon' ukuze ndiyongamele eminye imithi?’

14Ngoku ke imithi yabhekisa kumnga, yathi: ‘Yiba ngukumkani wethu.’

15Kodwa ke wona wathi: ‘Xa ngaba nizimisele ngenene ukundithambisa ndibe
ngukumkani wenu, yizani kuzikhusela emthunzini wam; kungenjalo ke
makuvele umlilo kula meva am, uyitshise imisedare yaseLebhanon.’ ”

16Waqhuba wathi ke uYotam: “Ngaba niyenze ngokunyaniseka na into
yokummisela uAbhimeleki abe ngukumkani wenu? Ngaba nenziwe
kukumxabisa nokumhlonipha uJerubhali? Ngaba esi senzo nisenza kwinzala
yakhe siyifanele na imisebenzi yakhe?

17Khumbulani kaloku, utata wanilwela. Ubomi bakhe wabubeka esichengeni
enihlangula kumaMidiyan.

18Kodwa ke namhlanje niyivukele inzala kabawo. Nibabulele oonyana bakhe,
amashumi asixhenxe onke, phezu kwelitye elinye. Nithe uAbhimeleki unyana
awamfumana enkazaneni ezalana nani, namenza ukumkani waseShekem.

19Kambe ke ukuba esi senzo senu sinenyani saye simsulwa, yonwabisanani
noAbhimeleki.

20Ukuba ke akunjalo, ngamana angadangazela umlilo uAbhimeleki, abatshise
abemi baseShekem nabaseBhete-milo; ngamana nabemi baseShekem
nabaseBhete-milo bangamlenya ngomlilo noAbhimeleki.”

21Wathi ke, kuba emoyika umntakwabo uAbhimeleki, wasuka wabaleka
uYotam, waya kuhlala eBhere.

22Ke uAbhimeleki wabamba iintambo iminyaka emithathu kwaSirayeli.

23UThixo wadala umoya ombi phakathi koAbhimeleki nabemi baseShekem,
baza bona benza ubuqhetseba ngakuAbhimeleki.

24Le nto ke yenzeka ukuze uAbhimeleki nabemi baseShekem
abamkhuthazileyo ekugwinteni amashumi asixhenxe oonyana bakaJerubhali,
bajike badliwe yinja yabo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

25Abemi baseShekem bafuna abantu, bababeka ezintabeni, ukuze balalele
uAbhimeleki; suka bona baphanga wonke umntu ogqithayo. Ke uAbhimeleki
wayixelelwa yonke le nto.

26Ke kaloku kwafika uGali unyana kaEbhede eShekem enabantakwabo.
Abemi baseShekem ke babethembele kuye.

27Baphuma ke baya kukha iidiliya ezidiliyeni zabo, baza baxovula benza
iwayini, babhiyoza. Baphuma baya kwindlu yesithixo sabo, batya basela
bamqalekisa uAbhimeleki.

28Wathi uGali unyana kaEbhede: “Xa engubani yena uAbhimeleki inzala
kaShekem, ukuba sibe phantsi kwakhe? Akanyana kaJerubhali na?
AsinguZebhule na ihlakani lakhe? Hayi bo! Masibuse amadoda akwaHamori
usoShekem!

29Akwaba ibindim okhokela esi sizwe; bendiya kumsusa uAbhimeleki lo!
Bendiya kumxelela ndithi: ‘Mawube ngathi uyaqina umkhosi wakho,
uphume, khe sidibane.’ ”

30Akuyiva into ethethwe nguGali wacaphuka uZebhule usibonda weso sixeko.

31Wathumela izigidimi ngasese kuAbhimeleki eAruma, wathi: “UGali unyana
kaEbhede nabantakwabo bagalelekile apha eShekem; baxhokonxa abantu
khon' ukuze bakuchase.

32Ngoko ke wena thatha umkhosi wakho, nihambe ngobusuku, nilalele
emaphandleni.

33Ngomso, xa lithi chapha, ze nivuke nisiqubule nisihlasele isixeko. Aze athi
ke uGali nomkhosi wakhe akuphuma esiza kulwa nenze oko isandla senu
sinako ukukwenza.”

34Ngenene ke uAbhimeleki waphuma nomkhosi wakhe ngobusuku, baza
bazimela ngaphandle kwaseShekem, bengamaqela amane.

35Bathe ke ooAbhimeleki bakumbona uGali ephuma esiya kuma esangweni
lesixeko, nabo baphuma ezikhundleni zabo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

36Wababona ke uGali, waza wathi kuZebhule: “Khangela, nangaya amadoda esihla encotsheni yentaba!” UZebhule uphendule wathi: “Hayi, ngamathunzi nje eentaba la angathi ngabantu.”

37Kwakhona uGali wathi: “Khangela, nangaya amadoda esihla phaya embindini wentaba! Elinye iqela liza ngalaa ndlela ivela kum-oki wezangoma!”

38UZebhule waphendula wathi: “Aye phi kaloku amatshamba akho ngoku? Andithi kaloku nguwe kanye owawusithi: ‘Ngubani yena uAbhimeleki ukuba sibe phantsi kwakhe?’ Nango ke laa madoda obuphoxisa ngawo! Hamba kaloku, uphume uye kulwa nawo!”

39Waphuma ke uGali, wabakhokela abemi baseShekem, balwa noAbhimeleki.

40UGali wasaba, waza ke wasukelwa nguAbhimeleki. Abaninzi benzakalela kwalapho ukuya esangweni lesixeko.

41UAbhimeleki wahlala eAruma, waza uZebhule wamdudula uGali nabantakwabo baphuma eShekem, ababa saba nako ukuhlala khona.

42Ngomhla olandelayo uAbhimeleki waxelelwa ukuba amaShekem aceba ukuphuma aye emaphandleni;

43waza ke waphuma nomkhosi wakhe wawahlula-hlula kathathu, waya kubalalela emaphandleni. Wathi akubona abantu bephuma esixekweni, naye waphuma ekuzimeleni, wababulala.

44Wathi xa axhabashileyo uAbhimeleki neqela lakhe besiya esangweni, aba amanye amaqela la mabini ehlasela abasemaphandleni, ababulala.

45Kwaliwa imini yonke. UAbhimeleki wasihlasela isixeko eso, wasithimba, wababulala abantu baso, wasidiliza, umhlaba wawugalela ityuwa.

46Bathe ke bakuyiva le nto abemi baseShekem ababesenqabeni yakhona, basuka baya kuzimela kwigumbi elinqatyisiweyo lendlu kaBhali womnqophiso.

47Ke kaloku uAbhimeleki waxelelwa ukuba baqokelelene khona,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

48waza ke waphuma nomkhosi wakhe, wanyuka intaba iZalmona. Apho ke
wathatha izembe, wagawula isebe emthini, walixwaya emagxeni. Wathi
kumadoda omkhosi wakhe: “Khawulezani nenjenjalo nani!”

49Yaba yileyo naleyo ke indoda yagawula isebe emthini; aza ke alandela
uAbhimeleki. Ezo nkuni azayamisa apho kwelo gumbi; aza ke kamva azifaka
umlilo, abantu belapho ngaphakathi. Bonke ke abantu ababesenqabeni
yaseShekem bafa. Babekwisithuba sewaka lamadoda nababhinqileyo.

50UAbhimeleki ke waya eTebheze, isixeko eso wasirhawula wasithimba.

51Apho ke kwakukho inqaba eyomeleleyo kunene, aza ke onke amadoda nabo
bonke ababhinqileyo (abemi bonke besixeko ukutsho) bangena kuyo.
Bazitshixela, baya kuhlala phezulu eluphahleni.

52Akufika uAbhimeleki, eze kuhlasela inqaba leyo, waya emnyango, efuna
ukuyitshisa.

53Kambe ke umfazi othile owayephezulu enqabeni wamgibisela ngelitye
lokusila, wamqhekeza ukhakhayi.

54Ngoko nangoko ke wabiza umfana owayephatha izikhali zakhe, wathi:
“Rhola ikrele lakho undibulale, ukuze kungathiwa ndibulewe ngumfazi.”
Ngoko ke umfana lowo wamgwaza wafa.

55Athi ke amaSirayeli akubona ukuba uAbhimeleki ufile, asuka agoduka
onke.

56Ngale ndlela ke uThixo wabuphindezela ububi obabenziwe nguAbhimeleki
kuyise ngokubulala abantakwabo abangamashumi asixhenxe.

57UThixo wabohlwaya nabantu baseShekem ngenxa yenkohlakalo yabo,
njengoko wathethayo uYotam unyana kaJerubhali xa wayebashwabulela.

Iinkokheli 10

UTola

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Emva koAbhimeleki amaSirayeli akhululwa nguTola unyana kaPuwa umzukulwana kaDodo. Yena wayengowendlu kaIsakare, emi eShamire kweleentaba kwaEfrayim.

2Wayeyinkokheli kwaSirayeli iminyaka engamashumi amabini nantathu. Akusweleka wangcwatyelwa eShamire.

UJayire

3Emva koTola kwalandela uJayire waseGiliyadi. Wayeyinkokheli kwaSirayeli amashumi amabini anambini eminyaka.

4Wayenoonyana abangamashumi amathathu, bonke bekhwele iidonki. Babenezixeko ezimashumi mathathu kwelo laseGiliyadi; nangoku ke kusathiwa ziidolophu zikaJayire.

5UJayire wasweleka, waza wangcwatywa eKamon.

UJefta

6Kwakhona amaSirayeli aphinda amona uNdikhoyo ngokusuka akhonze ooBhali nooAshtarte, ngokunjalo nezithixo zamaSiriya, amaSidon, ezamaMowabhi, ama-Amon, namaFilistiya. Amfulathela, ayeka ukumkhonza uNdikhoyo.

7Ngoko ke wavutha ngumsindo uNdikhoyo, amaSirayeli wawayekela oyiswa ngamaFilistiya nama-Amon.

8Yaba yiminyaka esibhozo ezi zizwe ziwatshutshisa ziwacinezela amaSirayeli awayehlala phesheya kweJordan eGiliyadi kwelama-Amori.

9Ama-Amon ada ayiwela iJordan, ahlasela kwelakwaJuda, kwaBhenjamin, nakwaEfrayim. AmaSirayeli ayekwenkulu inkxwaleko.

10AmaSirayeli ke ada azibika kuNdikhoyo, athi: “Sikonile; sisuke sakufulathela, wena Thixo wethu, sanqula ooBhali.”

11UNdikhoyo wawaphendula wenjenje: “Nangaphambili koku amaJiputa, ama-Amori, ama-Amon, amaFilistiya,

© 1996 Bible Society of South Africa.

12amaSidon, ama-Amaleki, namaMawoni, anicinezela, naza nazibika kum.
Andithi na kanene ndanihlangula kuwo?

13Nakuba kunjalo naphinda nandishiya, nakhonza thixo bambi; ngoko ke
ngoku unakanye ukuba ndiphinde ndinihlangule.

14Hambani niye kuzibika kwabo thixo nizikhethela bona. Mabanihlangule
kaloku nakungena ezingxakini."

15AmaSirayeli ke athi kuNdikhoyo: "Siyasivuma isono sethu. Yenza kuthi
ngokubona kwakho; kambe ke nceda usihlangule namhlanje."

16Asuke ke amaSirayeli abalahla oothixo basemzini, akhonza uNdikhoyo;
waza ke yena wahlabeka ngenxa yokubandezeleka kwamaSirayeli.

17Ke ama-Amon axhobela imfazwe, aza ahlanganisana eGiliyadi. Ke wona
amaSirayeli ahlanganisana aza emisa eMizpa.

18Ke kaloku amadoda amakhulu aseGiliyadi afakana imilomo esithi: "Ngaba
ngubani oza kusikhokela silwe nala ma-Amon? Lowo uya kuba yintloko yethu
sonke apha eGiliyadi."

Iinkokheli 11

1UJefta, igorha lejoni laseGiliyadi, wayengunyana wehenyukazi elithile.
Uyise uGiliyadi

2wayenabanye oonyana, bezalwa ngumkakhe; bathi bakukhula bamgxotha
uJefta. Bathi kuye: "Wena awunakuzuza lifa kwindlu katata; kaloku uzalwa
mfazi wumbi."

3Wasaba ke uJefta kubantakwabo, waya kuhlala kumhlaba waseTobhi. Apho
ke kwabuthelana kuye iindlavini ezithile, zaza zaba ngamahlakani akhe.

4Ekuhambeni kwethuba ke ama-Amon alwa namaSirayeli.

5Kuthe ke kwakuba nje amadoda amakhulu aseGiliyadi asuka alanda uJefta
eTobhi,

6athi: "Yiba yinjengele yethu, khon' ukuze sibe nako ukulwa nama-Amon."

© 1996 Bible Society of South Africa.

7Waphendula ke yena wathi: “Andithi na kanene nandithiya kangangokuba
nada nandigxotha endlwini kabawo. Ngani ke ngoku ukuba nithi nakuba
sengxakini nize kum?”

8Ke wona azibika kuye athi: “Ewe, naxa kunjalo sibhenela kuwe ngoku, kuba
sifuna uhambe nathi, ulwe nama-Amon. Uya kuba yintloko yethu sonke thina
maGiliyadi.”

9UJefta ke wathi kumadoda aseGiliyadi: “Ukuba ndithe ndabuyela kuni,
ndaza ngoncedo lukaNdikhoyo ndawoyisa ama-Amon, ngaba niyavuma
ngenene ukuba ndibe yintloko yenu?”

10Aphendula ke athi: “UNdikhoyo lingqina lethu. Inene, siya kwenza
njengoko usitsho.”

11Ngenene ke uJefta wagoduka nawo amadoda amakhulu aseGiliyadi, baza ke
abantu bakhona bammisela waba yintloko nenjengele yabo. Ke uJefta
wayivakalisa imiqathango yokuvumelana kwabo eMizpa phambi
koNdikhoyo.

12UJefta ke wathumela izigidimi kukumkani wama-Amon, ebuza esithi:
“Yintoni isizekabani sokuba ulihlasele ilizwe lakowethu?”

13Ukumkani wama-Amon waziphendula izigidimi zikaJefta, wathi: “Ngokuya
amaSirayeli ayevela eJiputa athatha umhlaba wam, ukusuka kumlambo
iAnoni, ukuya kwiJabhoki, kuye kuqhina ngeJordan. Wubuyiseni ke ngoku
ngaphandle kokuxambulisana.”

14UJefta ke wathumela kwaizigidimi, ephendula ukumkani wama-Amon,

15esithi: “UJefta uthi: ‘Hayi, uyaphazama; uSirayeli zange athathe mhlaba
wamaMowabhi namhlaba wama-Amon.

16Nantsi into eyenzekayo: AmaSirayeli ukuphuma kwawo eJiputa, anqumla
intlango, aya kutsho kuLwandle oluBomvu, agaleleka eKadeshe.

17Athumela izigidimi kukumkani wase-Edom, ecela ukuba awavumele acande
emhlabeni wakhe. Kodwa ke yena zange awavumele. Kwakhona athumela

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

kukumkani waseMowabhi, acela ukuba awavumele anqumle emhlabeni wakhe, kodwa naye zange avume. Ngoko ke amaSirayeli ahlala apho eKadeshe.

18Asuka ke anqumla intlango, awucezela umhlaba wase-Edom nowaseMowabhi,ada aya kufika kwimpuma yeMowabhi, ngaphesheya komlambo iAnoni. Akazange angene kwelaseMowabhi, kuba kaloku iAnoni yayingumda.

19AmaSirayeli athumela kuSihon ukumkani wama-Amori eHeshbhon, athi: “Sivumele sinqumle siye emhlabeni wethu.”

20Kambe ke zange uSihon akholiseke ukuba banqumle emhlabeni wakhe. Suka waqokelela umkhosi wakhe eJahazi, waza wahlasela uSirayeli.

21Kodwa ke uNdikhoyo uThixo wamaSirayeli wamnikela ezandleni zamaSirayeli uSihon nomkhosi wakhe wonke. Ngoko ke amaSirayeli awuthimba wonke umhlaba wama-Amori awayehlala kuloo mmandla;

22ewe, wonke loo mhlaba wama-Amori, ukusuka ezantsi eAnoni ukuya kutsho phezulu eJabhoki, ngokunjalo nokusuka empuma entlango ukuya kuthi xhaxhe ngeJordan entshonalanga.

23Ngoko ke nguNdikhoyo uThixo wamaSirayeli owawagxothayo ama-Amori, khon' ukuze kungene abantu bakhe amaSirayeli. Ngaba uzama ukuwohlutha kuthi ke ngoku?

24Hlala wena naloo ndawo akunike yona uKemoshi uthixo wakho. Ke thina siza kuhlala kule siyinikwe nguNdikhoyo uThixo wethu.

25Ngaba wena ungcono kunoBhalaki unyana kaZipora, ukumkani waseMowabhi? Andithi yena zange acele mngeni kuSirayeli! Wakha walwa nathi kakade?

26Ngamakhulu amathathu eminyaka uSirayeli emi eHeshbhon naseAruri nakwiidolophu ezikuloo mmandla, ngokunjalo nakwizixeko eziphezu komlambo iAnoni. Ubukade uwuyekeleni lo mhlaba?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

27Hayi bo, andikhange ndikwenze nto mna! Nguwe onxaxhayo
ngokundihlasela. UNdikhoyo uMgwebi makagwebe ngokwakhe namhlanje
phakathi kwamaSirayeli nama-Amon.’ ”

28Kambe ke ukumkani wama-Amon zange alukhathalele olu daba lukaJefta.

29Ke uJefta wafikelwa nguMoya kaNdikhoyo. Wanqumla iGiliyadi
nommandla wakwaManase, waya kutsho eMizpa eGiliyadi, waza ke
waphuma apho waya kuhlasela ama-Amon.

30UJefta wabhambathisa kuNdikhoyo wathi: “Ukuba ngenene uwanikele kum
ama-Amon,

31into yokuqala ephume endlwini yam yandihlangabeza xa ndibuya
sekuluxolo iya kuba yekaNdikhoyo; ndiya kuyenza idini elitshiswayo.”

32Ngoko ke waphuma uJefta, waya kulwa nama-Amon, waza ke uNdikhoyo
wawanikela esandleni sakhe.

33Wawavuthulula ukusuka eAruri ukuya eMiniti; yaba ngamashumi amabini
ezixeko ukuya kutsho eAbhele-keramin. USirayeli wawangenela kwajub'
ugodo, oyisakala ama-Amon.

UJefta nentombi yakhe

34UJefta xa abuyayo esiya kufika emzini wakhe eMizpa, yaphuma intombi
yakhe, yamhlangabeza ingqiyaza, ihamba ingqungqa, idlala intambula.
Yayingumntwana okukuphela kwakhe, engenanyana nantombi ngaphandle
kwakhe.

35Wathi ke akuyibona wakhathazeka, waziqwenga iimpahla zakhe.
Wadanduluka wathi: “Awu, mntwan' am! Ngani ukuba undenjenje
ukundixhela! Nguwe ngoku isizekabani sentlungu yam? Ewe, ndifungile
ndamthembisa uNdikhoyo, ngoko ke andinakubuya ngamva!”

36Yathi ke yona kuyise: “Hayi, tata, xa ubumthembisile uNdikhoyo ndenze
loo nto ubumthembise ukuba uya kuyenza ngam; kaloku yena
ukuphumelelisile wakuphindezela ezintshabeni zakho ama-Amon.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

37Ke yona yacela kuyise yathi: “Kambe ke, tata, ndicela le nto yodwa:
Khawundiyeke iinyanga zibe mbini, khon' ukuze ndikhe ndibhadule
nabalingane bam ezintabeni, ndiyizilele into yokuba ndiza kuhlala
ndiyintombi.”

38Wavuma ke uyise, yaza ke yona yemka iinyanga zambini. Yahamba nezinye
iintombi ezingabalingane bayo ibhadula ezintabeni, yazilela ubuntombi bayo.

39Zakuphela iinyanga ezimbini yabuyela kuyise, waza ke yena wenza
ngokwesibhambathiso sakhe kuNdikhoyo. Ngoko ke yahlala iyintombi nto.
Saqala kanjalo ke esi sithethe sakwaSirayeli

40sokuba minyaka le iintombi zithathe iintsuku ezine zizilele intombi kaJefta
waseGiliyadi.

Iinkokheli 12

UJefta namaEfrayim

1Ke wona amaEfrayim axhobela imfazwe, aza aphuma aya eZafoni, afika athi
kuJefta: “Bekungani ukuba ungasibizi thina xa usiya kulwa nama-Amon?
Uyabona ke ngoku siza kuyitshisa indlu yakho wena uphakathi kuyo!”

2UJefta waphendula wathi: “Hayi kaloku, thina nabantu bam sasuka
saxabana nama-Amon, saza sathi sakunibiza ukuba nize kusihlangula nasuka
anasabela.

3Ndithe ke ndakuqonda ukuba anizi, ndasuka ndazilahlela, ndawuwela umda,
ndaya kulwa, waza ke uNdikhoyo wawanikela ezandleni zam. Ngani ukuba
ngoku nina nifune kum?”

4Ke uJefta wawaqokelela amaGiliyadi, walwa nawo amaEfrayim, wawoyisa.
(AmaEfrayim ke athi: “Nina maGiliyadi niziimbacu eziphuma kwaEfrayim
nakwaManase.”)

5Ke kaloku amaGiliyadi avingca amazibuko eJordan, khon' ukuze
amaEfrayim angaweli asabe. Kuthe ke, yakufika imbacu yakwaEfrayim, isithi

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

kumaGiliyadi: “Khanindivumele ndiwele,” ayibuze athi: “Akunguye kodwa umEfrayim?” Ukuba iphendule yathi: “Hayi,”

6amaGiliyadi ayesithi kuye: “Khawuthi: ‘Shibholethi.’ ” Ukuba ungumEfrayim ebesuka angakwazi ukulibiza eli gama, koko athi: “Sibholethi.” Ayesuka amtsibele umntu lowo, ambulale apho ezibukweni leJordan. Ngelo thuba ke kwabulawa amaEfrayim angamashumi amane anambini amawaka.

7Yaba yiminyaka emithandathu uJefta eyinkokheli kwaSirayeli, waza ke wasweleka, wafihlwa ekhayeni lakhe eGiliyadi.

UIbzan, uElon, noAbdon

8Emva koJefta uIbzan waseBhetelehem waba yinkokheli kwaSirayeli.

9Wayenoonyana abangamashumi amathathu neentombi ezikwangako. Iintombi zakhe wazendisela kwezinye izizwe; waza ngokunjalo noonyana bakhe wabathathela iintombi kwezinye izizwe. Wayeyinkokheli kwaSirayeli iminyaka esixhenxe uIbzan,

10waza ke wasweleka wangcwatywa eBhetelehem.

11Emva koIbzan uElon wakwaZebhulon waba yinkokheli kwaSirayeli iminyaka elishumi.

12Uthe ke akubhubha wangcwatywa eAyalon kwaZebhulon.

13Emva koElon ke nguAbdon unyana kaHileli wasePiraton owaba yinkokheli kwaSirayeli.

14Yena ke wayenoonyana abamashumi mane nabazukulwana abangoonyana abamashumi mathathu; babekhwele iidonki ezimashumi asixhenxe. Ke uAbdon waba yinkokheli kwaSirayeli iminyaka esibhozo.

15Uthe ke akusweleka wangcwatyelwa ePiraton kummandla kaEfrayim kweleentaba lama-Amaleki.

Iinkokheli 13

Ukuzalwa kukaSamson

© 1996 Bible Society of South Africa.

1Ke kaloku amaSirayeli aphinda amona uNdikhoyo, waza ke yena
wawanikela ezandleni zamaFilistiya amashumi amane eminyaka.

2Ke kaloku kwakukho umfo waseZora ogama linguManowa. Yena
wayengowendlu kaDan. Umkakhe wayelidlolo, engafumani bantwana.

3Ke isithunywa sikaNdikhoyo sabonakala kuye, saza sathetha naye sathi:
"Njengoko ungazanga waba namntwana, ngoku uza kukhawula, uze ufumane
unyana.

4Uyabona ke, kufuneka uzigcine, ungaseli wayini natywala, ungatyi nanye
into engavunyelwanga ngumthetho kaThixo.

5Ewe, selukhulelwe; uza kuzala unyana. Ke yena ze zingaze zichetywe iinwele
zentloko yakhe, kuba kaloku le nkwenkwe iya kuba lilololikaThixo
kwasesizalweni sakho. Yiyo eya kuqala ukuhlangula amaSirayeli
kumaFilistiya."

6Lo mfazi ke waya kuxelela indoda yakhe, wathi: "Ndibone ndifikelwa
ngumfo wakwaThixo onenkangeleko yesithunywa sikaThixo; uyoyikeka
kakhulu. Andimbuzanga apho avela khona, engandixelelanga negama lakhe.

7Uthe kum: 'Ùyabona, selukhulelwe; uza kuzala unyana. Ke ngoko uzungaseli
wayini natywala, ungatyi nanye into engavunyelwanga ngumthetho kaThixo,
kuba le nkwenkwe iya kuba lilolo likaThixo kwasesizalweni sakho, kude kube
yimini yokufa kwayo.' "

8Ke kaloku uManowa wathandaza kuNdikhoyo, wathi: "Ngxe, Nkosi yam,
khawuphinde umthumele umfo wakwaThixo obumthumile, eze kusifundisa
ukuba siyiphathe kanjani na inkwenkwe leyo yakuvela."

9UThixo ke wenza ngokwesicelo sikaManowa, isithunywa sakhe sabuya seza
kumkakhe esemasimini, phofu yena uManowa engekho.

10Ke umfazi wakhawuleza waya kuxelela indoda yakhe, wathi: "Laa mfo
ubeze kum ngalaa mini uphinde wabonakala!"

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[11]Waphakama ke uManowa, walandela umkakhe. Wafika wayibuza ke indoda wathi: “Ungulaa mfo wayethethe nenkosikazi yam?” “Ndinguye,” watsho umfo lowo.

[12]Waqhuba ke uManowa wathi: “Ke, akuba ezalisekile la mazwi akho, imelwe kukuziphatha njani inkwenkwe leyo, yenze ntoni?”

[13]Saphendula ke isithunywa sikaNdikhoyo sathi: “Nakanjani na umkakho makenze njengoko ndimyalele.

[14]Into ephuma emdiliyeni makangayifaki emlonyeni, angaseli wayini natywala, angayityi nento engavunyelwanga ngumthetho kaThixo. Makakunyamekele konke endimyalele kona akwenze.”

[15]Ke uManowa wathi kwisithunywa sikaNdikhoyo: “Khawuhlale, khon' ukuze ndikuxhelele itakanana lebhokhwe.”

[16]Ke sathi kuye: “Nokuba ndingade ndihlale, sobe ndikutye ukutya kwakho. Into ongayenzayo wena kukwenzela uNdikhoyo idini elitshiswayo.” Kaloku uManowa wayengaqondi ukuba sisithunywa sikaNdikhoyo esi athetha naso.

[17]UManowa ke wasibuza isithunywa sikaNdikhoyo wathi: “Kakade ke ungubani igama lakho? Kuba ke sifuna ukukuwonga akuzaliseka la mazwi akho.”

[18]Saphendula ke sona sathi: “Ngani ukuba ubuze igama lam? Ligama elingummangaliso eligqitha ukuqonda!”

[19]Ngoko ke uManowa wathatha igatyana lebhokhwe kunye nokutya okuziinkozo, wenza idini phezu kwelitye, elenzela uNdikhoyo. UNdikhoyo wênza into emangalisayo uManowa nomkakhe bebukele.

[20]Wathi wakudangazela umlilo apho eqongeni, unyuka usiya ezulwini, uManowa nomkakhe basibona isithunywa sikaNdikhoyo sinyuka ngelo langatye, baza baziphosa emhlabeni. Abaphindanga ke basibone isithunywa eso.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21Waqonda ke uManowa ngoku ukuba kuthe kanti sisithunywa sikaNdikhoyo
esi bebethetha naso.

22UManowa ke wathetha nomkakhe, wathi: “Nakanjani na simelwe kukufa,
kuba sibone uThixo!”

23Kambe ke yena umkakhe waphendula wathi: “Ukuba uNdikhoyo ebefuna
ukusibulala ngengalamkelanga idini lethu elitshiswayo nomnikelo wethu
wokutya; futhi ngengasibonisanga okanye asixelele izinto ezinje.”

24Ke kaloku umka-Manowa wafumana umntwana oyinkwenkwe, baza
bayithiya igama elinguSamson. Yakhula ke inkwenkwe leyo, uNdikhoyo
wayithamsanqela.

25UMoya kaNdikhoyo ke waqala ukumongamela uSamson eseMahane-dan
phakathi kweZora ne-Eshtawoli.

Iinkokheli 14

USamson nentombi yaseTimna

1Ke kaloku uSamson wehla waya eTimna, waza ke apho wabona enye
yeentombi zamaFilistiya.

2Akugoduka wathi kuyise nonina: “Ndibone intombi yomFilistiya eTimna; ke
ndithatheleni yona ibe ngumfazi wam.”

3Uyise nonina bathi: “Ngani ukuba ude uye kuthatha umfazi kumaFilistiya
angalukiyo? Bekungasekho zintombi na apha phakathi kwamawethu?”
Kambe ke uSamson wathi: “Ndithatheleni yona, kuba ikuphela kwentombi
endifaneleyo.”

4Uyise nonina babengaqondi ukuba le nto inomnwe kaThixo; kaloku uThixo
wayefuna isizathu sokulwa namaFilistiya. Ngelo thuba kaloku amaSirayeli
ayephantsi kwamaFilistiya.

5USamson wahamba noyise nonina, baya eTimna. Ngasezidiliyeni zaseTimna
ke uSamson wabona igatyana lengonyama ligquma lisiza ngakuye.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6Suka ke yena wambeswa amandla nguMoya kaNdikhoyo, waza ke waliqwenga ngathi uqwenga itakane lebhokhwe. Kambe ke akabaxelelanga abazali bakhe ngale nto.

7Wahamba ke uSamson, waya kuthetha nentombi leyo, yaza ke yamkholisa.

8Emva kwethutyana ke waya kuyithatha ibe ngumfazi wakhe. Apho endleleni ke wakha wacebuka, kuba efuna ukuqonda ngaloo ngonyama wayeyibulele. Suka ke wayifumana selilibubu leenyosi elinobusi.

9Waphakula ubusi apho ke kuyo, wahamba ebutya; waphathela noyise nonina. Kambe ke akabaxelelanga ukuba ubusi obo ubuphakule kwisidumbu sengonyama.

10Uyise ke waya apho ebukhozini bakhe, waza yena uSamson wenza umbhiyozo khona, njengoko elo yayilisiko ababeqhuba ngalo abafana.

11Athe ke akumbona amaFilistiya athumela amashumi amathathu abafana ukuba abe kunye naye.

12Ke uSamson wathi kubo: “Makhe ndinenzele iqhina. Ukuba nithe nanako ukulicombulula ngezi ntsuku zisixhenxe zomtshato, ndoninika iingubo zelinen ezimashumi mathathu, ngokunjalo nezinye iimpahla zokuhomba ezikwangako.

13Kodwa ke ukuba anibanga nako ukulicombulula, niya kundinika amashumi amathathu eengubo zelinen, ngokunjalo nezinye iimpahla zokuhomba ezikwangako.” Ke bona bathi: “Yiza nalo sibone kaloku.”

14Waza ke yena wathi: “Kwaphuma ukutya kotyayo, kwavela incasa konamandla.” Yada yaba ziintsuku ezintathu emva koko bengekalikhululi elo qhina.

15Ngosuku lwesine ke bathethe nomtshakazi bathi: “Khawusincede ucenga-cengane nendoda yakho, ikuxelele eli qhina. Kungenjalo siza kuyitshisa le ndlu kayihlo, nitshele khona. Kakade ngaba nisimemele apha ukuze nisikhuthuze?”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Umtshakazi lowo waya selenyembezana kuSamson, wafika wathi: “Hayi, kucacile ukuba awundithandi, undithiyile! Usuka wenzele amawethu iqhina, kodwa mna akundixeleli ukuconjululwa kwalo!” Waphendula ke yena wathi: “Ndingathini ukuxelela wena ndingekabaxeleli utata nomama?”

17Hayi ke, umtshakazi walilela umyeni wakhe zonke ezo ntsuku zomtshato. Wada woyisakala ngolu lwesixhenxe umyeni, wamxelela, kuba kucaca ukuba umhlalise manzondololwana. Ke umtshakazi lowo waya kuhlebela abafana bakowabo.

18Ngoko ke ngosuku lwesixhenxe, lingekatshoni ilanga, abafana abo beza kuSamson, bafika bathi: “Yintoni engaphezu kobusi ngobumnandi? Iyintoni enamandla ngaphezu kwengonyama?” USamson ke waphendula wathi: “Ukuba beningalimanga ngethokazi lam ngeningalicombululanga eli qhina.”

19Ke kaloku uSamson wambeswa amandla nguMoya kaNdikhoyo, waza wehla waya eAshkelon. Apho ke wabulala amashumi amathathu amadoda, waza wayithatha impahla yawo, wayinika abo bafana babecombulule iqhina lakhe. Ke yena wagoduka evutha ngumsindo ngenxa yale nto ihlileyo.

20Umkakhe lowo ke wathathwa ngumfana owayengumkhaphi, waba ngumfazi wakhe.

Iinkokheli 15

1Ke kaloku ekuhambeni kwexesha uSamson watyelela umkakhe xa kuvunwa ingqolowa. Wahamba eqhuba ibhokhwe. Wafika wathi kumkhwe wakhe: “Ndifuna khe ndiye egumbini lomkam.” Kambe ke yena wala,

2esithi: “Bendiba akusamfuni mpela, ndaza ke ndamnikela kumhlobo wakho ukuba abe ngumkakhe. Phofu udade wabo omncinci yinzwakazi kunaye; ngoko ke kunganjani useluthatha yena?”

3Ke uSamson wathi: “Okwesi isihlandlo ndimsulwa kuyo nayiphi na into endiyenza kumaFilistiya!”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Ke kaloku wahamba wabamba amakhulu amathathu eempungutye.
Wazidibanisa ngemisila ngambini ngambini, ebophelela ukhuni olunevithi
apho ekudibaneni kwemisila.

5Ezo zikhuni wazintumeka ngomlilo, wazikhulula iimpungutye, zabalekela
emasimini anengqolowa amaFilistiya. Ngale ndlela ke kwatsha izipha
zengqolowa eseyivuniwe ngokunjalo neyayingekavunwa. Yatsha nemiyezo
yediliya nomnquma.

6Athe amaFilistiya akubuzisa esithi: “Ngubani owenze le nto?” afumanisa
kusithiwa: “NguSamson; ucatshukiswe ngumkhwe wakhe, umfo waseTimna,
ngokusuka anikezele umkakhe kumhlobo wakhe.” Ngoko ke amaFilistiya
asuka amtshisa loo mfo nentombi leyo.

7USamson wathi ke kuwo: “Oo! Niqhuba ngolu hlobo? Inene, ndiza kunithi
chu ndide ndiziphindezele!”

8Wawahlasela, wawabetha wawatshayela. Emva koko waya kuhlala
emqolombeni e-Etam.

USamson woyisa amaFilistiya

9AmaFilistiya axhoba ada aya kumisa kwaJuda, ahlasela iLerhi.

10Ke amadoda akwaJuda abuza athi: “Kutheni le nto nize kusihlasela?”
AmaFilistiya aphendula athi: “Size kubamba uSamson; sifuna ukumvisa le nto
asivise yona nathi.”

11Kwaphuma amawaka amathathu amadoda apho kwaJuda, aya
emqolombeni e-Etam, afika athetha noSamson, athi: “Ungathini ukusenza
into enje? Akuyazi into yokuba siphantsi kwamaFilistiya?” Ke yena wathi:
“Hayi, mna ndiwavise le nto ebendivise yona nawo.”

12Ke wona athi: “Size kukukhonkxa, ukuze sikuse kumaFilistiya.” USamson
wathi: “Fungani ukuba anizi kundilimaza ngokwenu.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Aphendula ke wona athi: “Hayi, nakanye; nto nje sifuna ukukukhonkxa, sikunikezele kuwo.” Ngenene ke amqamangela ngeentsontelo ezimbini ezintsha, abuya naye apho emqolombeni.

14Uthe ke akufika eLerhi, amaFilistiya eza kuye egxalathelana ekhwaza. Ke kaloku wambeswa amandla nguMoya kaNdikhoyo, zaza ezo ntsontelo wayebotshwe ngazo iingalo nezandla zaba ngathi ngumsonto ulenywa ngumlilo, zaza zakhululeka nezandla zakhe.

15Wafumana umhlathi wedonki owomeleleyo, wawuthi hlasi, wabulala iwaka lamadoda ngawo.

16Wadanduluka ke wathi: “Ngomhlathi wedonki ndawatsho aqungquluza. Ndigeqe iwaka lamadoda ngomhlathi wedonki.”

17Emva koko ke wawulahla umhlathi lowo, le ndawo yayisenzeka kuyo le nto wathi yiRamati-lerhi.

18USamson wasuka wanxanwa gqitha, waza wazibika kuNdikhoyo, wathi: “Mna sicaka sakho olu loyiso ndilufumene ngawe; ngani ke ngoku ukuba ndide ndife lunxano, ndibe sisisulu sezi ntlanga?”

19Ngoko ke uThixo wavula umngxuma emhlabeni khona apho eLerhi, kwaza ke kwaphuma amanzi. Wasela ke uSamson, abuya amandla akhe, waziva ehlaziyekile. Loo ndawo ke kwathiwa yiEn-hakore. Nangoku ke isekho apho eLerhi.

20Yaba yiminyaka emashumi mabini uSamson ewakhokela amaSirayeli ngemihla yamaFilistiya.

Iinkokheli 16

USamson eGaza

1Ngamhla uthile uSamson waya eGaza, waza wabona ihenyukazi, waya kulalisa kulo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Abantu baseGaza baxelelwa kwathiwa: “USamson ulapha.” Baza bawurhawula loo mzi ubusuku bonke, bamlalela nasemasangweni esixeko. Bahlala ubusuku bonke, besithi: “Kwakusa ngomso sombulala.”

3Kambe ke yena uSamson wavuka phakathi kobusuku, waya esangweni lesixeko, wafika wayibamba imigubasi kunye neengcango nomvalo, wasiphula konke. Wayixwaya emagxeni, waya nayo kwinduli ekhangelene neHebron.

USamson noDelila

4Kwakhona ke uSamson wathandana nentokazi yentili yaseSoreki egama linguDelila.

5Ke izikhulu zamaFilistiya zaya kuyo, zathi: “Msondeze uSamson de akuxelele imfihlelo yala mandla akhe angaka, ucebise ukuba singenza kanjani na ukuze simbambe, simbophe, simoyise. Umntu ngamnye kuthi uya kukunika iisiliva ezilishumi elinanye lamakhulu.”

6Ngoko ke uDelila wacengana noSamson, wathi: “Ndihlebele; uwathatha phi la mandla angaka? Ungabotshwa ngantoni ukuze woyisakale?”

7USamson wamphendula wathi: “Ukuba ndingabotshwa ngesixhenxe seentsontelo ezingekomi, amandla am angatha, ndifane nabanye abantu.”

8Izikhulu zamaFilistiya ke zanika uDelila iintsontelo ezisixhenxe ezingekomi, waza ke wambopha ngazo uSamson.

9Ke kaloku uDelila wayefihle amadoda endlwini apho, waza ke wakhwaza wathi: “Nanga amaFilistiya, Samson!” Ke yena uSamson ezo ntsontelo wazithi gqashu-gqashu okomtya ulenywa ngumlilo. Ngoko ke imfihlelo yamandla akhe yasala ingaziwa mntu.

10UDelila wathetha noSamson, wathi: “Wena uphoxe ngam, wandixokisa. Khawundixelele ukuba ungabotshwa ngantoni na.”

11USamson waphendula wathi: “Ukuba banokundibopha ngeentsontelo ezintsha ezingekasebenzi, amandla am angetha, ndifane nabanye abantu.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Ke uDelila wathatha iintsontelo ezintsha, wambopha ngazo uSamson, waza
wakhwaza wathi: “Nanga amaFilistiya, Samson!” AmaFilistiya ke ayelalele
endlwini apho. Kodwa yena uSamson waziqhawula ezo ntsontelo
ezazisezingalweni zakhe zanga yimisonto.

13UDelila wathi kuSamson: “Nangoku uyawaphoxa ngam, wandixokisa.
Khawundixelele ukuba ungabotshwa ngantoni na.” Waphendula ke uSamson
wathi: “Ukuba unokwenza amafrerha asixhenxe entloko kum, uze uwaluke
kunye nemisonto, uwaqinise ngoluthi lokuluka, ndingetha amandla, ndifane
nabanye abantu.”

14Ke uDelila wathi akulala uSamson wawaluka ngemisonto amafrerha
asixhenxe kaSamson ewaqinisa ngoluthi, wakhwaza wathi: “Nanga
amaFilistiya, Samson!” Wasuka wavuka uSamson, waluncothula uluthi,
wayixhwitha imisonto.

15UDelila ke wathi kuSamson: “Ungathini ukuthi uyandithanda kodwa
akundithembi! Kokwesithathu ngoku uphoxisa ngam, ibe ke nangoku
akukandixeleli ukuba uwathatha phi la mandla angaka.”

16Waza ke wammela imihla ngemihla emcenga. Wada uSamson wakruquka
wanga angafa,

17wamchazela konke, wathi: “Iinwele zam zange zichetywe. Ndanikelwa
ndalilolo likaThixo kwasekuzalweni kwam. Xa zinokuchetywa iinwele zam,
angaphela amandla am, ndibe buthathaka nam, ndifane nabanye abantu.”

18UDelila akuqonda ukuba uxelelwe yonke inyaniso nguSamson, wathumela
kwizikhulu zamaFilistiya, wathi: “Yizani kwakhona; undixelele konke.” Ke
zeza zimphathele imali leyo.

19UDelila walalisa uSamson emathangeni akhe, waza ke wabiza umntu,
wacheba amafrerha osixhenxe akhe. Ngokwenjenje ke uDelila wamenza
waphelelwa ngamandla uSamson.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

20Wathi: “Nanga amaFilistiya, Samson!” Ke yena wavuka ebuthongweni esithi: “Ndiya kubuya ndiwavuthulule ndiphuncuke.” Kambe ke wayengaqondi ukuba ushiyiwe nguNdikhoyo.

21AmaFilistiya ke ambamba, amkhupha amehlo, amtyhaphaza. Amthatha amsa eGaza, amqamangela ngamatyathanga obhedu, amfaka emsebenzini wokusila entolongweni.

22Kambe iinwele zakhe zaphinda zakhula.

Ukufa kukaSamson

23Izikhulu zamaFilistiya zahlanganisana zabhiyoza, zisenzela uthixo wazo uDagoni isiyikayika sedini. Zadanduluka zathi: “Uthixo wethu ulunikele esandleni sethu utshaba lwethu uSamson!”

24-25Kwathi xa kumnandi apho kwelo theko, zathi: “Yizani noSamson, eze kusonwabisa!” Bathi ke bakumkhupha uSamson entolongweni, bahlekisa ngaye, bammisa phakathi kweentsika. Abantu ke bakumbona uSamson badumisa uthixo wabo, bathi: “Uthixo wethu ulunikele esandleni sethu utshaba lwethu oluzise intshabalalo kwilizwe lethu, lwabulala abantu bethu abaninzi kangaka!”

26USamson wathetha nomfana owayemrhola, wathi: “Khawume khe ndizive iintsika zesi sakhiwo. Ndifuna ukwayama ngazo.”

27Indlu leyo ke yayizele ngamadoda nabafazi. Zonke izikhulu zamaFilistiya zazilapho; bebonke abantu babekwisithuba samawaka amathathu, beseluphahleni, bembukele behlekisa ngoSamson.

28Ke kaloku uSamson wazibika kuNdikhoyo, wathi: “Ndikhoyo, Nkosi yam, ndikhumbule; nceda, Thixo wam, khawubuyise amandla am okwesi sihlandlo nje sodwa, ukuze ndiziphindezele kumaFilistiya ngenxa yesenzo sawo sokundikhupha amehlo.”

29Ke uSamson wafikelela kwiintsika ezisesizikithini sesakhiwo eso. Wabamba yanye ngesokunene, enye wayibamba ngesokhohlo;

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

30waza wadanduluka wathi: “Mandife kunye namaFilistiya!” Wazisunduza ngamandla akhe onke – folokohlo didli! Sadilika isakhiwo; zafela apho ezo zikhulu ndawonye nabo bonke ababekhona. Ekufeni kwakhe uSamson wabulala abantu abaninzi ngaphezu kwabo wababulala esadl' ubomi.

31Ke kaloku abantakwabo nawo onke amawabo baya kuwuthatha umzimba wakhe, bagoduka nawo. Bamfihla kwingcwaba likayise uManowa phakathi kweZora ne-Eshtawoli. Waba yinkokheli yamaSirayeli iminyaka engamashumi amabini.

Iinkokheli 17

UMika nomLevi

1Kwakukho ndoda ithile igama linguMika. Yayimi kweleentaba kwaEfrayim.

2Yathetha nonina, yathi: “Ngokuya wawubelwe ishumi elinanye leesiliva ndakuva ushwabula. Kambe ke ikum loo mali; yathathwa ndim.” Unina wamsikelela, wathi: “ UNdikhoyo makakuthamsanqele, nyana wam.”

3Waza ke unyana lowo wayibuyisela kunina loo mali. Ke yena unina wathi: “Le mali ngoku yekaNdikhoyo; ndiyinikezela kuye ukuze unyana wam aqingqe umfanekiso, utyatyekwe ngesiliva, kwanomfanekiso otyhidiweyo. Ngoko ke le siliva ndiyibuyisela kwakuwe.”

4Imali leyo wayibuyisela kunina ke, yena wathatha amakhulu amabini kuloo siliva, wawanika ingcibi, eyakrola umfanekiso otyatyekwe ngesiliva, yenza nomnye otyhidiweyo. Wabekwa endlwini kaMika.

5Lo mfo unguMika ke wayenesibingelelo sakhe. Wenza imifanekiso eqingqiweyo ndawonye nesidanga, waza wamisela omnye koonyana bakhe wangumbingeleli.

6Ke kaloku ngelo thuba kwakungekho kumkani kwaSirayeli; umntu ngamnye wayesenza unothanda.

7Kwangelo thuba kwakukho umfana womLevi owayehlala eBhetelehem engumngeneleli kwelakwaJuda.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Waphuma ke eBhetelehem, efuna indawo anokuxhwarha kuyo. Esabhadula njalo waya kugaleleka kwaMika kweleentaba lakwaEfrayim.

9UMika wambuza wathi: “Uvela phi?” Ke yena waphendula wathi: “NdingumLevi waseBhetelehem kwelakwaJuda. Ndifuna indawo endingaxhwarha kuyo.”

10UMika wathetha naye ke, wathi: “Sowuhlala apha kum, ube ngumfundisi nombingeleli wam; ndiya kukuhlawula ngeshumi leesiliva ngonyaka, ndawonye nempahla yokunxiba nokutya.”

11UmLevi lowo ke wavumelana noMika, waza wahlala naye, waba njengonyana wakhe.

12UMika wammisela waba ngumbingeleli wakhe, wahlala apho kwakhe.

13UMika wathi: “Njengokuba umbingeleli wam engumLevi nje, ndiyazi ukuba uNdikhoyo uya kundithi jize ngenkqubela.”

Iinkokheli 18

UMika namaDan

1Ngelo thuba ke uSirayeli wayengenakumkani. Ke yona indlu kaDan yayisazifunela umhlaba owawuza kuba lilifa layo, kuba ukuza kuthi ga ngoku yayingekafumani mhlaba ungowayo njengezinye izindlu zikaSirayeli.

2Ngoko ke amaDan akhetha amagorha amahlanu awaziwayo, amela isizwe sawo siphela. Awakhupha eZora nase-Eshtawoli, awayala athi: “Hlolani ilizwe elo.” Athi akufika kweleentaba lakwaEfrayim, alalisa kwaMika.

3Athe elapho akunakana ukubetha kolwimi lomfana womLevi, aza aya kuye, abuza athi: “Uzokwenza ntoni apha? Uze nabani?”

4Uphendule wathi: “Hayi, ndilapha nje ndinezigqibo noMika; undiqeshe ukuba ndibe ngumbingeleli wakhe.”

5La madoda ke amcela athi: “Khawusibuzele kuThixo, uqonde ukuba luza kuba nempumelelo na uhambo lwethu.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

6Umbingeleli lowo ke waphendula wathi: “Ze ningaxhali; uhambo lwenu lusezandleni zikaNdikhoyo.”

7La madoda aphuma apho, afika eLayishe. Ke afumanisa ukuba abantu bakhona babengoyiki nto, koko babehleli ngokonwaba njengamaSidon. Yayiluhlanga oluzolileyo olungenanxa namntu, futhi lungaswele nto. Babemi kude namaSidon, futhi kungekho sizwe simbi banomnqophiso naso.

8La madoda ke athi akubuyela ekhaya eZora nase-Eshtawoli abuzwa ngamawawo kwathiwa: “Ibinjani na ihambo?”

9Ke wona aphendula athi: “Yizani, mawethu, masiye kuyihlasela iLayishe. Siwubonile laa mhlaba; mhle kakhulu. Ngoko ke sanukuba salibazisa; masithathe khona siye, siwohluthe laa mhlaba!

10Nakufika khona niya kufumanisa ukuba abantu bakhona bazihlalele nje, abanaxhala lanto. Ewe, ilizwe elo lithe gabalala; mayela neentswelo zomntu kukwanto zilungile, ibe ke uThixo ulinikele kuni.”

11Apho ke eZora nase-Eshtawoli amaDan akhupha umkhosi wamadoda angamakhulu amathandathu.

12Enyuka aya kumisa entshona yeKiriyati-yarim kwelakwaJuda. Ngenxa yeso sizathu ke loo ndawo isabizwa ngokuba yiMarhane-dan unangoku.

13Loo mkhosi ke waphuma apho, waya kutsho kwaMika kweleentaba lakwaEfrayim.

14Ke ezaa ntlola zintlanu zaziye kuhlola elo lizwe zada zaya kufika eLayishe, zathi kumawazo: “Ngaba benisazi na ukuba kwenye yezi zindlu kukho umfanekiso oqingqwe ngomthi watyatyekwa ngesiliva? Kukwakho nomnye umfanekiso otyhidiweyo, kunye nemilonde-khaya, ndawonye nesidanga. Niyayazi ke into emayenziwe!”

15Ke kaloku zangena kwaMika, apho wayehlala khona umfana womLevi, zafika zabulisa zabuza impilo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Ke wona umkhosi omakhulu mathandathu amadoda, lowa wawuxhobe waf'
amacala, wawuthe xonkxosholo esangweni.

17Ezo ntlola zathi ngqo endlwini, zafika zathatha loo mfanekiso uqingqiweyo,
nalowo utyhidiweyo, kunye nemilonde-khaya ndawonye nesidanga, ngeli lixa
yena umbingeleli wayesesesangweni nomkhosi lowo.

18La madoda ke athi akungena endlwini kaMika athatha imifanekiso leyo
ndawonye nesidanga. Ke umbingeleli lowo wawabuza wathi: “Nenza ntoni?”

19Ke wona amyala athi: “Yithi tu, ungabi sayiphatha! Yiza, uhambe nathi, ube
ngumfundisi nombingeleli wethu. Awutsho wena ukuba kubhetele ube
ngumbingeleli wenye yezindlu zikaSirayeli endaweni yokuba ube
ngumbingeleli womzi womntu omnye?”

20Eli cebo lamkholisa umbingeleli lowo, waza ke wasithatha isidanga
nemifanekiso ikunye nalowo uqingqiweyo, wahamba namaDan lawo.

21Loo madoda ke ajika ahamba. Abantwana bawo, iinkomo, nako konke
okwawo, akubeka ngaphambili.

22Athe selemgama, uMika nabamelwana bahlab' umkhosi, baphuma
besukelisa. Bathe bakusondela kumaDan apho

23bawakhwaza. Ke wona ajika abuza kuMika athi: “Konakele phi? Ngowani lo
mkhosi?”

24UMika waphendula wathi: “Ningathini ukuthi: ‘Konakele phi?’ Nindohluthe
oothixo bam endizenzele bona nombingeleli wam, nemka nabo! Ndosala
nantoni mna?”

25Ke amaDan aphendula athi: “Kubhetele ungabi sasingxolela, hleze la
madoda anengcwangu akuhlasele. Xa inokwenzeka into enjalo, ungafa
ndawonye nomzi wakho.”

26Ke wona amaDan ahlabela mgama, ahamba. NoMika ke waqonda ukuba xa
injalo ayingangaye, waza ke wajika wagoduka.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

27AmaDan ke akuba emthathile umbingeleli lowo ndawonye noothixo
bakaMika, ahamba aya kuhlasela iLayishe, loo dolophu izole kunye nabantu
bayo. Babatshabalalisa abemi bayo, ke yona idolophu bayitshisa.

28Zange kubekho mhlanguli, kuba kaloku iLayishe le yayimgama eSidon, ibe
ke nabemi bayo babengenamnqophiso nesinye isizwe. Ke iLayishe le
yayimelene neBhete-rehobhi. AmaDan ke aphinda ayivusa loo dolophu, ema
kuyo.

29Igama layo elalisakuba yiLayishe alijika athi yiDan, eyithiya ngokhokho
wawo unyana kaSirayeli.

30AmaDan amisa umfanekiso oqingqiweyo wawo, aza amisela uJonatan,
unyana kaGershom umzukulwana kaMosis, wangumbingeleli wesizwe.
Nenzala yakhe ke yaba ngababingeleli besizwe sakwaDan, de elo zwe
lathinjwa.

31Umfanekiso owawenziwe nguMika wahlala uhleli apho ke ngalo lonke
ixesha isibingelelo sikaThixo sasisekho eShilo.

Iinkokheli 19

Intlekele eyahlela umLevi

1Ngethuba eliphambi kokuba uSirayeli abe nokumkani kwakukho mLevi
uthile owayehlala kude kweleentaba kwaEfrayim. Lo mfo wathatha intombi
yaseBhetelehem kwelakwaJuda, wahlalisana nayo.

2Kambe ke yambambela, yaza yagoduka yaya eBhetelehem kwelakwaJuda,
yahlala khona iinyanga zane.

3Lo mLevi ke wayilanda ngezicengo, khon' ukuze babuyelane. Wayehamba
nesicaka sakhe kunye needonki ezimbini. Le ntombi ke yamazisa kowayo
umLevi lowo, waza ke uyise akumbona wamamkela ngezishushu.

4Uyise wentombi leyo wamnyanzelisa ukuba akhe ahlale umLevi lowo, waza
ke wahlala iintsuku zantathu, besitya besela kunye.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5Ngentsasa yosuku lwesine bavuka sebelungele ukuhamba. Ke uyise
wentombi wathetha nomkwenyana, wathi: “Qala utye, uhlaziyeke, uze ke
uhambe kamva.”

6Bahlala ke umntu nomkhwenyana, batya basela. Usontombi lowo ke
waphinda wacela umkhwenyana wathi: “Sowulala apha ngokuhlwanje,
uzonwabise.”

7Wathi umLevi lowo akufuna ukuhamba, uyise lowo wamcenga ukuba aselala
apho ngobo busuku.

8Ngentsasa yosuku lwesihlanu umLevi wavuka ezimisele ukuhamba, kodwa
usontombi wathi: “Khawutye, ulinde kude kube semini noko.” Wahlala ke,
batya bobabini.

9Wathi ke umLevi nentombi leyo ngokunjalo nesicaka sebezimisele
ukunduluka, uyise wabanqanda, esithi: “Amathunzi anabile, nokuhlwa
sekusondele; masenilala. Hlalani nizonwabise, nize ninduluke kusasa ngomso
ukugoduka.”

10Ngesi ke isihlandlo umfo lowo akavumanga ukuphinda alale. Wanduluka,
ehamba enezo donki zimbini ezineesali kwakunye nomasihlalisane lowo,
waya kugaleleka ngaseJebhusi. (IJebhusi ke yile iyiJerusalem namhla.)

11Bakusondela eJebhusi imimi yayiselithambekile, saza isicaka sathi enkosini
yaso: “Masesihlala apha eJebhusi, silalise khona.”

12-13Kambe ke inkosi yaso leyo yathi: “Hayi, kaloku asinakulala apha
kwisixeko sabantu basemzini abangengawo amaSirayeli. Masigqithele
phambili, siye kulala eGibheya okanye eRama.”

14Ngoko ke badlula apho eJebhusi. Kwathi xa lithi ndithenge, bagaleleka
eGibheya kummandla wamaBhenjamin.

15Baphambuka ke endleleni, besiya kulala khona. Bangena ke, baya kutsho
ebaleni lembutho, kungekho mntu ubanika indawo yokulala.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Bathe beselapho kwathi gqi ixhego, livela emasimini. Lalingumngeneleli apho eGibheya, kodwa inkaba yalo ikweleentaba kwaEfrayim. Phofu ke abantu balapho yayingamaBhenjamin.

17Lathi ke lakubabona abahambi abo belapho ebaleni lembutho, labuza lathi: “Kuvelwa ngaphi, kusiyiwa phi?”

18UmLevi uphendule wathi: “Siphuma eBhetelehem kwelakwaJuda. Ukwenjenje oku siyagoduka, siya kummandla othe qelele kweleentaba kwaEfrayim. Kambe ke akukho mntu usinika ndawo yakulala.

19Sinako ukutya kweedonki zethu, ngokunjalo mna sicaka sakho kunye nesicakakazi sakho nomfana ohamba nathi sinaso isonka newayini. Hayi, asixakekanga kwelo cala.”

20Ixhego ke lathi: “Namkelekile kwam; aninakude nilale apha phandle. Yizani; ndiza kunilungiselela.”

21Lagoduka nabo ke, lazityisa iidonki zabo. Bahlamba iinyawo, baza batya basela.

22Kwathi besonwabile apho, kwafika iindlavini ezithile, zayirhawula indlu leyo, zabetha ucango, zabhekisa kumnini-ndlu lowo zisithi: “Mkhuphe loo mfo umngenise endlwini yakho. Sifuna ukulala naye.”

23Kambe ke umninimzi waphuma, wathetha nazo, wathi: “Hayi, mawethu, ndiyanibongoza, sanukulenza elo nyala; lundwendwe lwam olu!

24Ndaweni yaloo nto thathani intombi yam kwanomfazi walo mfo. Mandinikhuphele bona, nenze ukuthanda kwenu kubo. Kodwa sanukuyenza into embi kangaka kulo mfo.”

25Kambe ke azivumanga ezo zibhoja. Ngoko ke umLevi lowo wakhupha loo masihlalisane wakhe, zaza ke zadlalisa ngaye zazenzela apho kuye kwada kwasa.

26Kwathi ekuseni umfazi lowo wabuya, wafika wawa ngasemnyango kuloo ndlu yexhego apho yayikhona indoda yakhe. Walala apho kwada kwasa.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

27Kusasa yathi yakuvula umnyango indoda yakhe, iphuma iza kuhamba,
yamfumana elele apho ngasemnyango, izandla zakhe zisembundwini.

28Yathetha naye, yathi: “Vuka sihambe!” Kwathi cwaka. Yaza ke yamthatha,
yamxhoma edonkini, yagoduka naye.

29UmLevi lowo ke uthe akufika ekhaya wathatha imela. Umzimba waloo
mfazi ke wawunqunqa waziziqwenga ezilishumi elinambini, waza ke
isiqwenga ngasinye wasithumela kwenye yezindlu zikaSirayeli.

30Wonke ke umntu owayibonayo le nto wavakala esithi: “Zange siyive
siyibone into enje! Into enje zange ihle okoko uSirayeli waphumayo eJiputa!
Mayiqwalaselwe, kubonwe into emayenziwe!”

Iinkokheli 20

USirayeli uza kuhlasela iGibheya

1USirayeli ephela, ukusuka kwaDan kuye kuqhina ngeBheshebha, ngokunjalo
nomhlaba waseGiliyadi, ewe, lonke ibandla likaSirayeli lahlanganisana
limoya mnye phambi koNdikhoyo eMizpa.

2Zonke iinkulu zezindlu zikaSirayeli zazikho kwelo bandla labantu
bakaThixo, ingamakhulu amane amawaka amajoni aphatha ikrele.

3NamaBhenjamin eva ukuba kudityenwe ngamaSirayeli eMizpa. AmaSirayeli
athi: “Yitshoni; yenzeke kanjani na le ntlekele?”

4UmLevi omfazi wayegetyengiwe wachaza wathi: “Ndihambe nowakwam,
ndaya kutsho kwaBhenjamin eGibheya, ndisiya kulalisa khona.

5Ke izikhulu zaseGibheya zaphuma ngobusuku, zarhawula indlu
endandikuyo, zifuna mna. Zona zazizimisele ukundibulala, kodwa ke zasuka
zamhlasela owakwam, zamdlwengula wada wafa.

6Ke mna ndawuthatha umzimba wakhe, ndawunqunqa, ndathumela
isiqwenga kwindlu nganye kwezo zikaSirayeli. Kaloku aba bantu benze isikizi
lenyala kwaSirayeli.

7Khanitsho, maSirayeli, nithi makuthiweni? Lithini icebo lenu?”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8AmaSirayeli ke atsho ngazwi-nye athi: “Xa sisonke akukho bani uza
kugoduka namhlanje; ewe, akukho bani uya kubuyela endlwini yakhe.

9Nantsi into esiza kuyenza ngeGibheya: Siza kukhangela ukuba liya kuphuma
nabani na iqashiso, aze ke loo madoda asikhokele ekuyihlaseleni.

10Isishumi samadoda akwaSirayeli siya kuthwala ukutya komkhosi, aze ke
amanye la aye kohlwaya iGibheya ngenxa yesi senzo sayo sobuyatha
isenzileyo kwaSirayeli.”

11Ngoko ke amaSirayeli ahlanganisana emoya mnye, efuna ukohlwaya
iGibheya.

12Izizwe zakwaSirayeli zathumela izigidimi kuwo wonke ummandla wesizwe
sakwaBhenjamin, zisithi: “Buyatha buni obu nibenzileyo?

13Ngoko ke zikhupheni ezo ndlavini zaseGibheya, sizibulale, silihlambe eli
nyala kwaSirayeli.” Kambe ke amaBhenjamin zange awahoye amazwi
athethwa ngamawabo amaSirayeli.

14Ndaweni yaloo nto amaBhenjamin aphuma kuzo zonke izixeko zawo,
ahlangana eGibheya, aza aya kulwa namaSirayeli.

15Ngaloo mini akhupha amashumi amabini anesithandathu amajoni kuzo
zonke izixeko zawo. Ngaphezu koko abemi baseGibheya bakhupha amajoni
akhethiweyo angamakhulu asixhenxe,

16onke engamanxele. La manxele onke ayeziincutshe zokusawula ngenkwitshi
atsho khona.

17Amajoni amaSirayeli, ngaphandle kwamaBhenjamin, ayengamakhulu
amane amawaka, onke engoompondo-zihlanjiwe.

Idabi

18Ke amaSirayeli aya eBhetele, aza abuza kuThixo athi: “Yiyiphi na indlu
emayiqale ukuhlasela uBhenjamin?” UNdikhoyo ke wathi: “Mayibe
nguJuda.”

19Anduluka ke amaSirayeli ngentsasa elandelayo, aya kumisa ngaseGibheya.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

20Aphuma amajoni amaSirayeli, esiya kulwa namaBhenjamin, akha uhlelo phambi kweGibheya.

21Wacombuluka ke umkhosi wamaBhenjamin, waphuma apho esixekweni, waza ngaloo mini wageqa amashumi amabini anambini amawaka amajoni amaSirayeli.

22Kambe ke ngengomso amaSirayeli omelezana; aphinda amajoni awo awamisa kwangalaa ndlela ayewamise ngayo ngezolo.

23Kaloku amaSirayeli ayeye kuzibika kuNdikhoyo, alila iinyembezi kwada kwahlwa. Abuzisa kuye kwakhona, athi: “Ngaba masiye na ukuya kulwa namawethu amaBhenjamin?” UNdikhoyo ke waphendula wathi: “Yiyani nilwe nawo.”

24Ngosuku olulandelayo amaSirayeli aphinda amhlasela uBhenjamin.

25Nangesi ke isihlandlo amaBhenjamin aphuma eGibheya, aza ageqa ishumi elinesibhozo lamawaka oompondo-zihlanjiwe bamaSirayeli.

26Aphuma ke onke amaSirayeli, aya kulila eBhetele. Ahlala apho phambi koNdikhoyo, akuzila ukutya kwada kwahlwa. Enza amadini atshiswayo, ngokunjalo nawobudlelwana, esenzela uNdikhoyo.

27-28Ngelo xesha ke ityesi yomnqophiso yayilapho eBhetele. Ke uPineyasi unyana kaElazare umzukulwana ka-Aron yayinguye umbingeleli apho. AmaSirayeli ke aphinda abuzisa kuNdikhoyo, athi: “Ngaba masiye ukuya kulwa namawethu amaBhenjamin, okanye masincame?” UNdikhoyo ke waphendula wathi: “Phakathi! Ngomso ndiza kunithi jize ngoloyiso!”

29Ngoko ke amaSirayeli afihla amanye amajoni, axhwarha kufuphi neGibheya.

30Nangolu lwesithathu usuku amaSirayeli amhlasela uBhenjamin, amajoni akha uhlelo ekhangele iGibheya njenga-ngaphambili.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

31AmaBhenjamin aphuma ukuhlangabeza, ada asishiya isixeko. Njengezolo ke akhe ageqa apho kumaSirayeli kuloo mathafa nakwindlela eya eBhetele neya eGibheya. Kwafa amashumi amathathu amaSirayeli.

32AmaBhenjamin athi: “Isesesezolo; siwafumene!” Ke wona amaSirayeli athi: “Masihlehle, khon' ukuze siwatsalele ezindleleni kude nesixeko.”

33Wathi ke umkhosi wamaSirayeli waqokelelana eBhali-tamare, waza lowa wawulalele ngaseGibheya wadyulukudela ukuphuma kwezo ziwana zingqonge isixeko.

34IGibheya ke yahlaselwa lishumi lamawaka angoompondo-zihlanjiwe, bekhethwe kuSirayeli ephela. Hayi ke, yaba yinkwa nenkwa, phofu yena uBhenjamin engaqondi ukuba namhlanje ihlile intlekele.

35UNdikhoyo wamoyisa uBhenjamin ngamaSirayeli. AmaSirayeli atshabalalisa amashumi amabini anantlanu amawaka anekhulu ngaloo mini, onke eziincutshe zekrele,

36waza ke uBhenjamin waqonda ukuba woyisiwe.

Ukuphumelela kwamaSirayeli

Umkhosi wamaSirayeli wahlehla, kuba ukholose ngalowo wawulalele kufuphi neGibheya uzimele.

37Lo ke umkhosi wakhawuleza wangena eGibheya, wanwenwa apho esixekweni, wabulala konke nje.

38Indili yomkhosi kaSirayeli nalo uzimeleyo wawuvumelene ngokuthi xa ubona umsi uthuquza unyuka apho esixekweni,

39umkhosi osedabini uya kubuya nawo ungene uhlasele. Ngeli thuba ke amaBhenjamin ayeselewabulele amaSirayeli amalunga namashumi amathathu. Ayesezincoma esithi: “Sesezolo nanamhlanje; siwafumene!”

40Kweso sithuba ke wasuka wavela umqondiso; suka kwavela umpokophela womsi, wathunquza uphuma apho esixekweni. Athi ke akujonga amaBhenjamin abona isixeko sawo singamalangatye nje!

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

41Suka ke amaSirayeli aguquka, ke wona amaBhenjamin asuka azizithwanga-
thwanga, kuba eqonda ukuba ihlile intlekele.

42Azama ukuhlehla abalekele entlango, kodwa ke umkhosi wathi mbende
emva kwabo. Axinwa atyakatywa nangamanye amadoda awayephuma
ezidolophini.

43AmaSirayeli awarhawula amaBhenjamin, awasukela, aza awoyisa lula kude
kufuphi neGibheya empumalanga.

44Kwafa ishumi elinesibhozo lamawaka koompondo-zihlanjiwe
bamaBhenjamin.

45Amanye asabela entlango, esinga kumawa aseRimon, kwaza kwabulawa
amawaka amahlanu ezindleleni. AmaSirayeli athi mbende emva kwawo
ukuya kutsho eGidiyon, aza abulala amawaka amabini.

46Ngaloo mini yodwa kwafa amashumi amabini anantlanu amawaka
amaBhenjamin, onke engoompondo-zihlanjiwe bamajoni.

47Kambe ke amakhulu amathandathu abalekela entlango, aya kutsho kuloo
mawa aseRimon, ahlala apho iinyanga zane.

48AmaSirayeli ke abuya awatshabalalisa onke amaBhenjamin, ebulala konke:
ndoda, mfazi, mntwana, nemfuyo le yembala. Azitshisa zonke iidolophu zaloo
mmandla.

Iinkokheli 21

AmaBhenjamin afunelwa abafazi

1Ke kaloku ngethuba amaSirayeli ayehlanganisene eMizpa ayebhambathisile
phambi koNdikhoyo athi: “Asisoze sendisele iintombi zethu
kumaBhenjamin.”

2Ngoku ke amaSirayeli suke ahlanganisana phambi koThixo eBhetele; ahlala
apho kwada kwahlwa, ehlahlamba ebindekile,

3esithi: “Ndikhoyo, Thixo kaSirayeli, ngani ukuba sihlelwe yinto enje? Ngani
ukuba esinye isizwe sezizwe zakwaSirayeli sitshabalale siphele tu?”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Ngentsasa elandelayo ke amaSirayeli akha iqonga apho, aza enza amadini
atshiswayo kunye namadini obudlelwane.

5Abuzana athi: “Ngaba kukho indlu na yakwaSirayeli engazange iye
kwimbizo esasinayo phambi koNdikhoyo eMizpa?” (Kaloku amaSirayeli
ayenze isifungo esingqongqo, athi: “Nabani na ongayanga embizweni eMizpa
uya kubulawa.”)

6Ngoku ke amaSirayeli ayenxubile ngenxa yabazalwana bawo amaBhenjamin.
Avakala esithi: “Namhlanje uSirayeli ulahlekelwe yenye yezindlu zakhe.

7Nithi makuthiweni ukuze la maBhenjamin aseleyo azuze abafazi? Kaloku
sabhambathisa phambi koNdikhoyo sathi asisoze siwendisele iintombi zethu.”

8Abuza ke amaSirayeli athi: “Ngaba kukho ndlu na ingazange iye eMizpa?”
Afumanisa ukuba kwakungekho mntu waseJabheshe yaseGiliyadi.

9Ngexesha lokuhlelwa komkhosi akubangakho mntu wayevela eJabheshe.

10Ngoko ke ibandla lakhupha ishumi elinambini lamawaka amajoni
angoompondo-zihlanjiwe, lawayalela ukuba aye eJabheshe, afike abulale
wonke umntu nomfazi nomntwana lo wembala.

11Kwathiwa: “Wabulaleni amadoda nabafazi, nisindise iintombi nto.”

12Ke apho eJabheshe afumana amakhulu amane eentombi ezingazananga
nandoda, aza azithatha aya nazo esikhululweni eShilo kumhlaba
waseKanana.

13Ke ibandla lathumela kumaBhenjamin awayekumawa aseRimon,
lawanikezela imiqathango yoxolo.

14Ke amaBhenjamin abuya, aza amaSirayeli awanikezela ezo ntombi
zaseJabheshe eGiliyadi zazisindile; kambe ke zange ziwanele amaBhenjamin
lawo.

15AmaSirayeli avelana namaBhenjamin, kuba uNdikhoyo enze umsantsa
phakathi kwezindlu zikaSirayeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Ngoko ke amadoda amakhulu athi: “Njengokuba betshatyalalisiwe nje abafazi kwaBhenjamin, sothini ukuyifumanela abafazi inxalenye yawo?”

17Aza athi: “Ingayinto embi ukuba kubekho indlu enqanyulwayo kwaSirayeli ngokungabi nazindlalifa. Makufunwe indlela yokuba indlu kaBhenjamin ingatshitshi.

18Kodwa thina ngokwethu asinako ukuyendisela iintombi zethu, njengoko senze isifungo sathi: ‘Nabani na owendisela intombi yakhe kwaBhenjamin uqalekisiwe.’

19Kambe ke umbhiyozo waminyaka le kaNdikhoyo eShilo sowusondele.” Ke iShilo yayingasentla kweBhetele, ngezantsi kweLebhona, kwimpuma yendlela ephakathi kweBhetele neShekem.

20Ke ayalela amaBhenjamin athi: “Ze nihambe nifike nizímele ezidiliyeni,

21nilalele. Nakuphawula ukuba ziphumile iintombi zaseShilo, zingqungqa, phumani ezidiliyeni, ibe ngulowo nalowo azithathele umfazi apho kuzo, aye naye kwaBhenjamin.

22Ukuba ooyise okanye abanakwazo beze kuxambulisana nathi, sothi kubo: ‘Siyanibongoza, baveleni. Kaloku asibafumanelanga abafazi emfazweni. Kambe ke nina nimsulwa – kaloku bazithwele; abazinikwanga nini iintombi zenu.’ ”

23Ngenene ke amaBhenjamin ayenza loo nto; indoda nganye kuwo yazikhethela umfazi kwezo ntombi zazingqungqa eShilo, yayithwala, yagoduka nayo. Egodukile ke amaBhenjamin abuya azakha iidolophu zawo, abuya ema kuzo.

24Nawo ke amaSirayeli agoduka. Indoda nganye yaya kuxhamla ilifa layo emzini wayo kwisizwe sakowayo.

25Ke kaloku ngelo thuba kwakungekho kumkani kwaSirayeli; umntu ngamnye ke wayesenza unothanda.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

URute

URute 1

UNawomi uyagoduka

1Ngexesha leenkokheli kwabakho indlala enkulu elizweni. Kwasuka mfo
uthile waseBhetelehem kwaJuda, waphambukela eMowabhi kunye nomkakhe
noonyana bakhe ababini.

2Igama lale ndoda lalinguElimeleki; elomkakhe lalinguNawomi, oonyana
benguMalon noKiliyon. BabengamaEfrayim awayemi eBhetelehem kwaJuda,
baza baya kuma elizweni laseMowabhi.

3Waza ke uElimeleki indoda kaNawomi wasweleka, uNawomi wasala
noonyana bakhe bobabini,

4ababetshathe iintombi zamaMowabhi. Inkulu yayizeke uOrpa, inci izeke
uRute. Bahlala khona iminyaka emalunga neshumi,

5basweleka nabo ooMalon noKiliyon, wasala uNawomi engumhlolokazi
engasenandoda nanyana.

6Akuva uNawomi ukuba uNdikhoyo ubabonelele abantu bakhe ngesivuno
esihle, uye walungiselela ukuya kowabo kunye noomolokazana bakhe
ababini.

7Wayishiya loo ndawo wayehlala kuyo, wanduluka kunye noomolokazana
bakhe, wangena endleleni esinga kwilizwe lakwaJuda.

8Wavakala esithi uNawomi koomolokazana bakhe: “Buyelani kumakhaya
enu. Ubenga uNdikhoyo anganenzela izibele njengoko benisenza kum
nakwabo basishiyileyo.

9Ubenga uNdikhoyo anganinika indawo yokuphumla, elowo endlwini
yendoda yakhe.” UNawomi wabanga ebabulisa. Kodwa bona basuka basitsho
isikhalo,

10bathi: “Hayi, nakanjani siza kuya kowenu kunye nawe!”

© 1996 Bible Society of South Africa.

11“Hayini, zintombi zam, godukani,” watsho uNawomi. “Kutheni nafuna
ukuhamba nam? Niba ndingabe ndiphinde ndizale oonyana, nize nina nibe
ngabafazi babo?

12Hayi bo, godukani, zintombi zam; noko sendaluphele ngoku ukuba
ndingabuye ndende. Kambe ke nokuba bendisenalo ithemba ndide
mhlawumbi ndende nokwenda ngokuhlwanje, ndide ndizale noonyana,

13beningade nilinde bade bakhule, ningendeli kwabanye abantu? Hayi,
zintombi zam, imeko yam ikrakra kuneyenu, kuba mna uNdikhoyo ngathi
undifulathele.”

14Babuya bathathisa kwakhona ukukhala oomolokazana bakaNawomi. UOrpa
wamanga embulisa uninazala, kodwa yena uRute wathana nca noNawomi.

15Wathi uNawomi: “Uyabona, umkhuluwakazi wakho ubuyele ebantwini
bakhe nakoothixo bakhe. Nawe goduka kunye naye.”

16Waphendula uRute wathi: “Sukundinyanzela usithi mandikushiye. Apho
uya khona, nam ndiya kuya, ndiye kuhlala nalapho uhlala khona, amawenu
abe ngamawethu, noThixo wakho abe nguThixo wam.

17Ndiya kufa apho ufa khona, ndingcwatyelwe apho nam. UNdikhoyo aze
andihlisele elona shwangusha xa ndinokwahlulwa nto nawe; ewe, nditsho
nokufa!”

18UNawomi akabanga saphinda awuvule owakhe umlomo, akubona
okungako kona ukuzimisela kukaRute ukungahlukani naye.

19Bahamba ke bada baya kufika eBhetelehem. Bathi bakufika khona kwatsho
kwathabatheka wonke ubani. Abafazi bathi: “Hi bethu, nithi nguNawomi
nyani na lo?”

20UNawomi yena wathi: “Sanukuthi Nawomi kum, yithini Mara,kuba
wabenza bakrakra kum ubomi uSomandla.

21Ekumkeni kwam apha ndandingenanto ndingenayo, kodwa ngoku
uNdikhoyo undibuyisa ndiyimpula kalujaca. Nisatsholo ni ukuthi

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ndinguNawomi xa yena uNdikhoyo esuke wandicinezela nje – xa yena uSomandla esuke wandizisela iinkxwaleko?”

22Kwaba njalo ke ukubuya kukaNawomi evela eMowabhi, ehamba nomolokazana wakhe uRute umMowabhikazi. Kwakuxa kanye kuqaliswa ukuvunwa kwerhasi ukufika kwabo eBhetelehem.

URute 2

URute emasimini akwaBhowazi

1Kwakukho mfo uthile ogama linguBhowazi owayesisizalwane sasemzini kaNawomi. Wayengowesiduko sikaElimeleki, engumfo owaziwayo.

2UmMowabhikazi uRute wathi kuNawomi: “Mandikhe ndiye emasimini, ndibhikice kulaa ngqolowa ivunwayo, ndikhwahlaze emva komntu ondivumelayo.” “Hayi kulungile, ungahamba, mntwan' am,” watsho uNawomi.

3Wanduluka ke uRute ukuya emasimini. Wafika walandela abavuni, ehamba ebhikica. Kwathi kanti loo nto uyenza entsimini kaBhowazi owayezalana noElimeleki.

4Ke wafika uBhowazi, evela eBhetelehem. Wababulisa abavuni, esithi: “UNdikhoyo ubenga angaba nani!” Baphendula bathi bona: “Camagu! Akuthamsanqelise nawe uNdikhoyo!”

5Emva koko uBhowazi ubuze kwinduna ephethe abavuni, wathi: “Kanene yintombi yasemanini leya ndiyibonayo?”

6Yona ithe: “NgumMowabhikazi lowa, lo ufike noNawomi ukubuya kwakhe kwelamaMowabhi.

7Ucele ukuba ndimvumele abhikice, akhwahlaze phakathi kwezithungu, elandela abavuni. Kudala elapha; akakhange aphumle oko kusile – usandula ukuyeka ngoku umbona ehleli phaya endaweni yokuphumla nje.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8UBhowazi wathi kuRute: “Uyabona ke, ntombi yam, uzungemki apha, ungabi saya kubhikica kumasimi abanye abantu. Uze uncamathele kwiintombi ezi zisebenza kula masimi am.

9Uze uzilandele, ubhikice apho zivuna khona. Ndibaxelele abafana aba ukuba bangakukhathazi. Ukuba unxaniwe uze uye kusela kwezaa ngqayi zamanzi akhiwe ngabafana.”

10Waqubuda phambi koBhowazi uRute, wathi: “Mhlekazi, ngani ukuba undenzele ububele obungaka undihoye ndingowelinye ilizwe nje?”

11UBhowazi wathi: “Ndivile ngawe ukuba ubumphethe kakuhle unyoko-zala, naxa umyeni wakho selengasekho. Ude washiya uyihlo nonyoko, nditsho namawenu la embala, weza kuhlala phakathi kwabantu obungazani nabo.

12Ubenga ke uNdikhoyo angakuvuza ngomsebenzi wakho. Ewe, ubenga uNdikhoyo, uThixo kaSirayeli, lo wena uze kuzifaka phantsi kwamaphiko akhe, angakubuyekeza kanobom.”

13URute wathi: “Ngenene, mhlekazi, unenceba; undithobe uvalo xa wenjenje ukuthetha nam ngobubele, mna sicakakazi sakho, naxa ndingoyena unganeno nakwizicakakazi zakho.”

14Kuthe xa kutyiwayo, uBhowazi wathi kuye: “Yiz' apha, uthathe isonka, usithi nkxu kwiwayini.” Ke uRute wahlala phantsi kunye neentombi ezingabavuni; waza uBhowazi wamnika ugcado, watya wahlutha, kwada kwasala.

15Ubuye waya kubhikica kwakhona uRute. UBhowazi yena wayalela izicaka zakhe, wathi: “Ze nimyeke ningamnqandi nokuba selebhikica ngasezithungwini.

16Ngaphaya koko ze nide nimrhutyele nasezithungwini ingqolowa, nishiye abhikice, ningamkhalimeli.”

17Kwada kwatshona ilanga uRute ekhwahlaza. Uthe akuyibhula wafumana malunga neshumi leekhilogram zengqolowa.

© 1996 Bible Society of South Africa.

18Wayithwala wagoduka nayo, wayibonisa uninazala. Wamnika nokutya
awayembekele kona kwisidlo sasemini.

19UNawomi wambuza wathi: “Ubhikice phi namhlanje? Ubusebenza
kwabani? Wanga angasikeleleka lowo ukwenzele ububele.” URute wamxelela
uninazala ukuba ubebhikica kumasimi kabani, esithi: “Ndisebenze entsimini
yomfo ekuthiwa nguBhowazi.”

20Wavakala uNawomi esithi kumolokazana: “UNdikhoyo ozibele zihlala
zihleli kwabaphilayo nabafileyo makamthamsanqelise uBhowazi!” Uqokele
wathi: “Loo mfo usisizalwane esisondeleyo kuthi. Ungomnye wabantu
esijonge kubo njengomkhululi.”

21Ke uRute umMowabhikazi wathi: “Kananjalo uBhowazi uthe
mandincamathele kubasebenzi bakhe de kugqitywe ukuvunwa.”

22UNawomi uthe: “Ewe, mntwan' am, kuhle uhambe neentombi zaphaya
kwaBhowazi. Usenokuhlelwa yinto embi kumasimi abanye abantu.”

23URute wancamathela kwezo ntombi zakwaBhowazi, ekhwahlaza kwada
kwagqitywa ukuvunwa kwerhasi nengqolowa. Wayehlala no ninazala ngalo
lonke elo xesha.

URute 3

URute uzibika kuBhowazi

1UNawomi wathi kumolokazana wakhe: “Kufuneka ndikufunele owakho
umzi, mntwan' am, apho uya konwaba khona.

2Laa mfo uBhowazi, lowa ubuthe nca kubasebenzi bakhe ukhwahlaza,
sisizalwane esisondeleyo kuthi, esijonge kuye njengomkhululi. Ngokuhlwanje
uza kubhula ele irhasi esandeni sakhe.

3Wena ke uze uhlambe, uziqhole, wambathe kakuhle, wandule ke ukuya
esandeni sakhe. Kodwa ke uze ungazivezi kuye de agqibe isidlo sakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Xa eya kulala uze uqaphele apho aya kulala khona, uye kutyhila ingubo, ungqengqe ngasezinyaweni zakhe. Yena ke wokuxelela ukuba makuthiweni na.”

5URute wathi ku ninazala: “Ndokwenza konke ondixeleleyo.”

6Wahamba ke uRute, waya esandeni, wafika wenza njengoko uninazala wayemyalele.

7Emva kwesidlo sakhe, kunye nezinto zokusithoba zakhona, uBhowazi waziva echulumacha. Wahamba waya kulala emazantsi esitha. Walandela uRute, echwechwa, wafika watyhila ingubo ngasezinyaweni zikaBhowazi, wangqengqa.

8Ezinzulwini zobusuku uBhowazi wothuka, weva ngesandla ukuba kukho umntu obhinqileyo ongqengqe ngasezinyaweni zakhe.

9Wambuza wathi: “Ungubani?” Waphendula yena wathi: “Ndim, mhlekazi, uRute isicakakazi sakho. Ndikhusele phantsi kwamaphiko akho. Kaloku wena usisizalwane esijonge kuso njengomkhululi.”

10“ UNdikhoyo makakuthamsanqelise, ntombi yam,” watsho uBhowazi. “Ubonakalisa intembeko engaphezulu kuleya yangaphambili. Akuzifunelanga umyeni osemtsha – nokuba ngosisityebi, nokuba ngongesiso.

11Thoba uvalo ke, ntombi yam. Yonke into oyifunayo ndoyenza, kuba kaloku nkqu nomzi uphela uyazi ukuba ungumfazi onesidima.

12Yinyaniso ukuba ndisisizalwana esisondeleyo, kodwa ke kukho esinye isizalwane esingumkhululi esisondeleyo kuwe ngaphezu kwam.

13Lala apha obu busuku. Kusasa ngomso siya kuva kuye ukuba uya kuncedwa nguye na okanye hayi. Ukuba ùza kukhululwa nguye, koba kulungile; kanti ke xa kungenjalo, ndifunga uNdikhoyo ongasoze afe, ndim oya kukukhulula. Lala ke, ntombi yam, kude kube kusasa.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Wangqengqa apho ke uRute ngasezinyaweni zikaBhowazi. Uvuke kunye neenkuku, bengekabi namanakani abantu, kuba kaloku uBhowazi wayethe: “Mayingaziwa bani into yokuba umntu obhinqileyo ukhe walala esandeni.”

15UBhowazi wathi kuRute: “Yiza nengubo oyambetheyo, ukhongozele,” waza wagalela kuyo ingqolowa eninzi (malunga namashumi amabini eekhilogram) wamthwalisa wabuyela edolophini.

16Akufika ekhaya uRute, uninazala uNawomi umbuze wathi: “Kwehla ntoni ke, mntwan' am?” URute wabalisa konke okwenziwe nguBhowazi.

17Watsho nokuthi: “Undiphe nale ngqolowa ingaka, esithi: ‘Mawungabuyeli kunyoko-zala ulambatha.’ ”

18UNawomi wathi: “Linda, mntan' am, kude kucace okuza kwenzeka; indoda leyo ayiyi kuphumla lo mcimbi ungafikanga esiphelweni sawo.”

URute 4

URute wendela kuBhowazi

1Wenjenjeya uBhowazi ukusinga kwindawo yembizo ngasemasangweni omzi, wafika wahlala phantsi. Esahleli apho, kwathi gqi isizalwana sikaElimeleki esingumkhululi, esiya wayethethe ngaso kuRute, wasibiza esithi: “Khawuz' apha, mfondini, uhlale phantsi.” Siyile ke, safika sahlala phantsi,

2waza uBhowazi wabiza ishumi lamadoda amakhulu omzi, wathi kuwo: “Khanikhe nithi nqwadalala apha.” Enjenjalo ke.

3UBhowazi wabhekisa kwisizalwana sakhe esingumkhululi wenjenje: “UNawomi obuyileyo eMowabhi ufuna ukuwuthengisa lowa mhlaba womntakwethu uElimeleki.

4Ndithe lo mbandela ndokha ndiwuphalaze kuwe apha phambi kwaba bantu balapha kunye nala madoda makhulu akowethu, ndiqonde ukuba uyawuthatha na. Ukuba uyawuthatha, wuthathe; kodwa ukuba akuwuthathi, ndixelele. Kaloku akukho mntu unelungelo ngaphezu kwakho; nkqu nam ndilandela wena.” “Hayi, ndiza kuyithatha loo ntsimi,” watsho loo mfo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5UBhowazi wathi: “Uze uqonde ukuba mhla wathatha laa ntsimi kuNawomi uthatha noRute, umka-mfi, ukuze lingaze licime igama lakhe kwilifa lakhe.”

6Uthe loo mfo: “Xa kunjalo ke mna andizi kuyithatha loo ntsimi, kuba ndiya kuba ndizifaka engxakini yokubeka umzi wam esichengeni. Ungayithatha wena; mna andinako.”

7Ngaloo maxesha xa kuthengiswa okanye kunananiselwana umthengisi wayekhulula imbadada, anike umthengi. Ayebonakalisa ngaloo ndlela amaSirayeli ukuba umcimbi ugqityiwe.

8Wathi ke lo mfo akuthi kuBhowazi: “Yithathe,” watsho ekhulula imbadada yakhe.

9UBhowazi ubhekise kwababelapho kunye namadoda amakhulu, wathi: “Namhlanje nonke ningamangqina okuba namhla ndithathe konke okukaElimeleki kuNawomi. Nditsho nokukaKiliyon noMalon oonyana bakhe.

10Ngaphezu koko umka-Malon, umMowabhikazi uRute, uza kuba ngumkam. Loo nto iya kwenza ukuba izinto zikamfi zihlale zizezakubo, lize negama lakhe lingaze licime kumawabo nasezimbalini zakowabo.Ningamangqina aloo nto ke namhlanje.”

11Amadoda amakhulu nabo bonke ababelapho ngasemasangweni bavuma bathi: “Singamangqina. UNdikhoyo ubenga angamenza lo mfazi umthathayo afuze ooRakeli noLeya, bona bayakhayo indlu kaSirayeli.Nawe sikunqwenelela iwonga phakathi kwabemi base-Efrata, igama lakho libe nodumo eBhetelehem.

12Ngenzala oya kuyinikwa nguNdikhoyo ngalo mfazi yanga indlu yakho ingafana nekaPerezi unyana kaJuda ngoTamare. ”

Inzala kaBhowazi noRute

13UBhowazi ke wamthatha uRute waba ngumfazi wakhe. UNdikhoyo wamthamsanqelisa, wamitha, wazala umntwana oyinkwenkwe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

14Abafazi balapho bathi kuNawomi: “Makabongwe uNdikhoyo ngokukupha umzukulwana onokujonga kuye! Belinga lingaba nodumo igama lakhe kwaSirayeli!

15Uya kubuhlaziya ubomi bakho, akulondoloze ekwaluphaleni kwakho. Umzalelwe ngumolokazana wakho okuthandayo noxabiso lakhe kuwe ligqitha ixabiso loonyana abasixhenxe.”

16Wamfunqula loo mntwana uNawomi, wamsingatha, waba yimpelesi yakhe.

17Abafazi balapho bathi: “UNawomi unomntwana oyinkwenkwe.” Baza bamthiya igama, bathi nguObhedi. UObhedi yena ngulo wazala uJese uyise kaDavide.

18Nguwo ke lo umlibo osuka kuPerezi use kuDavide: UPerezi uzele uHezeron; uHezeron uzele uRam;

19uRam uzele uAminadabhi;

20uAminadabhi uzele uNashon; uNashon uzele uSalman;

21uSalman uzele uBhowazi; uBhowazi uzele uObhedi;

22uObhedi uzele uJese; uJese uzele uDavide.

© 1996 Bible Society of South Africa.

1 Kasamweli

1 Kasamweli 1

UElikana nosapho lwakhe eShilo

1ERamatayim kwakukho mfo uthile ugama linguElikana, unyana kaJeroham,
kaElihu, kaTowu wendlu kaZufi. Wayengowesizwe sakwaEfrayim
kweleentaba.

2Lo mfo wayenabafazi ababini, uHana noPenina. UPenina wayezala, kodwa
uHana yena engafumani bantwana.

3Minyaka le lo mfo wayedla ngokuya eShilo, aye kunqula uNdikhoyo uThixo
onamandla onke, anikele amadini. UHofeni noPineyasi, oonyana bakaEli,
babengababingeleli bakaNdikhoyo apho.

4Wayedla ngokuthi uElikana, ngomhla enze idini, akhuphe izabelo
zikaPenina nezabantwana bakhe,

5uHana yena amnike sibe sinye, naxa wayemthanda nje. Kaloku uHana
wayeyivinjiwe inzala nguNdikhoyo.

6Ngaphezu koko umka-ndod' akhe uPenina wayesoloko emcunukisa,
emngcungcuthekisa ngokungazali kwakhe.

7Yayisithi rhoqo le nto ukwenzeka xa beye kwaNdikhoyo eShilo minyaka le.
UPenina wayesoloko emnukuneza ngokungazali kwakhe uHana, amtsho ade
akhale ezimathontsi, angafuni nokutya oku.

8Kwakuba njalo indoda yakhe uElikana yayisithi: “Hana, ulilela ntoni?
Kutheni ungatyi nokutya oku? Ukhathazwa yintoni kakade, selude waziduba
wadandatheka kangaka? Andixabisekanga na kuwe ngaphezu koonyana
abalishumi?”

Isibhambathiso sikaHana

9-10Ngamhla uthile, beseShilo apho, kwakuba kutyiwe kwaselwa, wasuka
waphakama uHana, ebindekile, wazibika kuNdikhoyo. Ngelo xesha

© 1996 Bible Society of South Africa.

umbingeleli uEli wayehleli esihlalweni sakhe ngasemnyango wendlu kaNdikhoyo. Ebuhlungu enjalo uHana, wathandaza,

11wenza isibhambathiso kuNdikhoyo, wathi: “Ndikhoyo Somandla, wanga ungayibona inkxwaleko yesicakazana sakho, usikhumbule, ungasilibali isicakazana sakho, kodwa usinike unyana. Ke ndomnikezela kuwe, Ndikhoyo, abe ngowakho bonke ubomi bakhe, yaye neenwele zakhe azinakuze zichetywe. ”

12UHana wathandaza ithuba elide, uEli emjongile, ethe ntsho kuloo milebe.

13Wayengavakalisi kuthetha uHana, kodwa yayibebezela yona imilebe. UEli wacinga ukuba uHana uyanxila,

14wathi kuye: “Koda kube nini na unxila? Yahlukana notywala!”

15“Hayi, mhlekazi, andinxilanga,” waphendula watsho uHana. “Andikhange ndisele iwayini okanye utywala, nto nje ndibuhlungu kakhulu. Wena undibona ndibika intlungu yam kuNdikhoyo.

16Uze ungathi ndilitshijolo lomfazi. Ndithandaza ndingayeki nje, kungenxa yokuba ndibindekile ndihluphekile.”

17“Hayi ke, hamba ngoxolo; uThixo kaSirayeli uya kukwenzela ngokwesicelo sakho, ntombi yam,” watsho uEli.

18UHana yena wathi: “Akwaba isicakazana sakho singababalwa njalo.” Watsho ehamba, waya kutya, waxola.

Ukuzalwa kukaSamweli

19Usapho lukaElikana lwavuka kwangentseni. Baya kunqula uNdikhoyo, emva koko banduluka ukubuyela kokwabo eRama. Ke uElikana wahlangana noHana umkakhe. Weviwa nguNdikhoyo umthandazo wakhe.

20Wakhawula, wazala inkwenkwe unyaka ungekapheli. Wathi: “Igama layo nguSamweli; kaloku ndayicela kuNdikhoyo.”

21UElikana ubuye waya nosapho lwakhe eShilo ukuya kunikela kuNdikhoyo idini lonyaka kunye nelesithembiso.

© 1996 Bible Society of South Africa.

22UHana wasala ekhaya. Wathi kumyeni wakhe: “Ndakululumla usana lwam, ndolusa endlwini kaNdikhoyo, luhlale phambi kwakhe ubomi balo bonke.”

23Indoda yakhe uElikana yathi: “Kulungile, ungasala. Yenza loo nto uyibona ilungile. Ungalinda ude umlumle umntwana. Ubenga uNdikhoyo angasifezekisa isithembiso sakhe. ” Wasala ke uHana, eluncancisa usana lwakhe, lwada lwalunyulwa.

USamweli unikelwa kuNdikhoyo

24Wathi akululumla usana lwakhe uHana, waya nalo eShilo, eqhuba inkunzi yenkomo eminyaka mithathu, ephethe neshumi leekhilogram zomgubo wengqolowa, nemvaba ezele yiwayini. Wahamba noSamweli, emsa endlwini kaNdikhoyo eShilo, eselula njalo.

25Yakuba iwile inkunzi yenkomo, usana lwasiwa kuEli.

26UHana wathi kuEli: “Camagu, nkosi yam! Usaphila nje ulingqina lam lokuba ndingulaa mfazi wayemi apha ethandaza kuNdikhoyo.

27Ndandicela lo mntwana, waza uNdikhoyo wasiva isicelo sam.

28Ngoku ke ndimbuyisela kuNdikhoyo, kuba bonke ubomi bakhe bobalowo ucelwe kuNdikhoyo.” Emva koko ke uSamweli wakhonza uNdikhoyo apho eShilo.

1 Kasamweli 2

Umthandazo kaHana

1Ke kaloku uHana wathandaza emtyibela uNdikhoyo, wathi: “Intliziyo yam inemincili ngawe, Ndikhoyo! Uphondo lwam luphakanyisiwe nguwe. Awuhlangani umlomo wam kukuqhayisela iintshaba zam, ndichulumanca lusindiso lwam.

2Hayi, akakh' onjengawe; hayi bo, wahlukile wena, Ndikhoyo! Akukh' ongxondorha injengoThixo wethu!

3“Yithini tu! Yekan' ukuzingca! Yithini cwaka, niyek' ukuzigwagwisa! Kaloku uNdikhoyo ngumazi wezinto zonke; nguye ogocagoca izenzo zabantu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Izikhali zamakhalipha ziwile; ababekhubekile bathiwe jize ngobukrothi.

5Izihluthi zijika zibe ngabangqibi, izilambi zidlokove yintlutha. Usitshw' isixhenxe umfaz' ongazaliyo, az' ozalayo asal' ejijitheka.

6NguNdikhoyo obulal' abuy' aphilise; utshonisa engcwabeni abuy' avuse.

7Busesandleni sikaNdikhoyo ubutyebi nobuhlwempu, ngokunjalo ukuphakanyiswa nokuthotywa;

8nguye ophakamis' iindway' eluthulini, abasuse eluthuthwini abahlelelekileyo, ababeke kunye neendwalutho, baxhamle uzuko lobukhosi. Iintsika zehlabathi zezikaNdikhoyo; walithi zinzi elimiweyo phezu kwazo.

9“Nguye umkhuseli weenyawo zabakholose ngaye. Bothi shwaka ebumnyameni abakhohlakeleyo. Akungamandla amntu ukuphumelela.

10Bobhanga kuthi tu abachas' uNdikhoyo; wozongom' emazulwini barhwaqele. Nguye olawula namaphethel' ehlabathi. Uya kumambesa ngamandla ukumkani, luphakame uphondo lomthanjiswa wakhe.”

11Bagoduka ke ooElikana baya eRama, yasala apho eShilo yona inkwenkwe, ikhonza uNdikhoyo phambi kombingeleli uEli.

Ubutshijolo boonyana bakaEli

12Oonyana bakaEli ke babengamatshijolo, bengamazele nto uNdikhoyo.

13Kaloku inkqubo yababingeleli nabantu yayikukuthi xeshikweni nabani na enikezela idini, kuthi ngeli xesha imbiza yenyama ibilayo, sifike isicaka sombingeleli siphethe ifolokhwe entloko ineencula ezintathu.

14Besihlaba ngayo epanini, nokuba kuseketileni, okanye esityeni sokupheka, kungenjalo embizeni nje, aze umbingeleli azithathele loo ndawo iphume nefolokhwe. Kwakuqhutywa ngolu hlobo kuwo onke amaSirayeli ayeye eShilo.

15Kodwa ngoku bekuthi, singekatshi siphele isiqhumiso samanqatha, suka isicaka sombingeleli siye kuloo mfo unikezela idini, sithi kuye: “Nika

© 1996 Bible Society of South Africa.

umbingeleli inyama, ose! Akayifuni inyama yakho ephekiweyo; ufuna ekrwada.”

16Ukuba loo mntu uphendule wathi: “Kaloku kufuneka siqale sitshe siphele isiqhumiso samanqatha, wandule ukuthatha loo ndawo uyithandayo,” besisithi isicaka sombingeleli: “Hayi, ndinike ngoku; kungenjalo ndoyithatha ngetshova.”

17Esi sono soonyana bakaEli sokudela iminikelo sasisikhulu kakhulu emehlweni kaNdikhoyo.

Inzala kaElikana kuHana

18Yena uSamweli wayehlala ekhonza endlwini kaNdikhoyo – inkwenkwana ethiwe wambu ngesidanga selineni.

19Minyaka le unina wayedla ngokumenzela umnwetyana, aye nawo eShilo, xa umyeni wakhe aye kwenzela uNdikhoyo idini lonyaka.

20UEli wayemthamsanqelisa uElikana nomkakhe uHana, athi: “Ubenga uNdikhoyo angenza lo mfazi akuzalele abanye abantwana endaweni yalo wamcelayo waza wamnikela kuye,” baze ke emva koko bagoduke.

21UNdikhoyo ngenene wamvelela uHana, waza wamitha, wazala abanye oonyana abathathu kunye neentombi ezimbini. Yona inkwenkwe uSamweli yakhulela kwaNdikhoyo.

Ukuqaqadeka koonyana bakaEli

22UEli ngeli xesha wayeselaluphele mpela. Wayesoloko esiva ngemikhwa emibi yoonyana bakhe kumaSirayeli. Wayiva nento yokuba babelala abafazi ababekhonza ngasemasangweni enkundla yesibingelelo sikaNdikhoyo.

23Wabakhalimela wathi: “Yeyantoni le ntlondi niyenzayo ebaliswa ngabantu bonke!

24Hayi, bantwana bam, imbi le nto endiyiva ithethwa ngani ngabantu bakaNdikhoyo!

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

25Kaloku umntu one omnye umntu angathethelelwa phambi koThixo;
angalanyulelwa kanjani ke xa one uNdikhoyo ngokwakhe?” Ke bona oonyana
bakhe abazange bamhoye, naye uNdikhoyo wayeselezimisele
ukubatshabalalisa.

26Ke yena uSamweli wakhula ngesithomo, ebabalwa nguNdikhoyo, ethandwa
nangabantu.

Isiqalekiso sendlu kaEli

27Kwafika umfo wakwaThixo kuEli, wathi: “Utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘Wazi
kakuhle ukuba ndazityhila kookhokho bakho, xa babengamakhoboka eJiputa
phantsi kokumkani walapho.

28Uyayazi nento yokuba ndabatyumba phakathi kwezizwe zakwaSirayeli,
ndathi bona boba ngababingeleli bam, basondele eqongeni lam, benze
isiqhumiso, bagaxele isidanga sam. Ndatsho nokuthi boba nenxaxheba
kumadini anikelwa kum ngomlilo ngamaSirayeli.

29Kungani ke ukuba ninyelise amadini neminikelo emiselwe ndim endaweni
yam? Kungani ukuba uxabise oonyana bakho ngaphezu kwam, suka
nizingxale ngokuthatha ezona-zona ndawo ziphambili zeminikelo
endiyenzelwa ngabantu bam amaSirayeli?’

30“Ngako oko uNdikhoyo, uThixo kaSirayeli, uthi: ‘Mna ndathembisa ukuba
indlu yakho nendlu kayihlo yoba ngababingeleli bam naphakade.’ Kodwa
ngoku uNdikhoyo uthi: ‘Unotshe! Mna ndiwonga abo bandihlonelayo, abo
bandidelayo ndibaqalekise.

31Iyeza imihla endiza kuwashunqula amandla akho namandla endlu kayihlo,
khon' ukuze ingabikho ingwevu kumlibo wenu.

32Niya kubona imbandezelo endaweni yam, naxa amanye amaSirayeli aya
kuba nempumelelo. Ewe, akusayi kubuya kubekho nkonde kowenu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

33Nokuba kungakho omnye wenzala yakho osasondela eqongeni, naloo nto
iseza kukulilisa ikuhluphe, kuba inkoliso yamadoda endlu yakho iya kufa
iselula.

34“ ‘Into eya kufikela uHofeni noPineyasi oonyana bakho iza kuba
ngumqondiso kuwe wale nto yonke endiyithethileyo. Bona baza kufa
ngamini-nye.

35Ndiza kumisela owam umbingeleli onyanisekileyo, oya kwenza intando
yam yonke. Ndiya kuyizinzisa indlu yakhe, andikhonze lonke ixesha phambi
kokumkani otyunjwe ndim.

36Bonke abomzi wakho abaya kusinda baya kuya kuloo mbingeleli wam,
bazithobe kuye, bacele imali nento etyiwayo, bathi: “Ndivumele ukuncedisa
ababingeleli, khon' ukuze ngaloo ndlela ndizuze into etyiwayo.” ’ ”

1 Kasamweli 3

UNdikhoyo uzityhila kuSamweli

1Ke kaloku umfana uSamweli wayekhonza kwaNdikhoyo phambi koEli.
Ngaloo mihla udaba oluvela kuNdikhoyo lwalunqabile, kungekho mntu
unemibono ivela kuye.

2UEli wayenorhatyazo emehlweni kangangokuba wayebona luzizi.
Ngabusuku buthile uEli wayelele endaweni yakhe,

3uSamweli yena elele endlwini kaNdikhoyo apho kwakugcinwa khona ityesi
yomnqophiso. Kwathi ekuzeni kokusa, isibane sisavutha,

4uNdikhoyo wavakala ebiza uSamweli. Wasabela uSamweli esithi: “Ndim lo,
mhlekazi!”

5Wakhawuleza waya kuEli, wafika wathi: “Ndim lo; ubundibiza.” Wathi yena
uEli: “Hayi, yiya kulala, mfo wam; andikhange ndikubize.” Waya kulala ke.

6UNdikhoyo wabuya wambiza uSamweli. Wavuka ke umfana, waya
kwakuEli, wathi: “Mhlekazi, uyandibiza. Ndim lo!” Kambe yena uEli wathi:
“Hayi, andikubizanga; yiya kulala, mfo wam.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Phofu umfana lo yena wayengekamazi uNdikhoyo; kaloku uNdikhoyo wayengekazityhili kuye ngelizwi lakhe.

8UNdikhoyo wabuya wambiza uSamweli isihlandlo sesithathu. Wavuka uSamweli, waya kwakuEli, wafika wathi: “Ndim lo, mhlekazi; ubundibiza.” Waqonda ngoku uEli ukuba nguNdikhoyo lo umana ebiza lo mfana.

9Wathi uEli kuye: “Hamba wena, yiya kulala. Xa ubuye weva ubizwa, uze uthi: ‘Thetha, Ndikhoyo; isicaka sakho siphulapule.’ ” Waya kulala ke uSamweli emandlalweni wakhe.

10Waza uNdikhoyo weza wema apho, wabiza kwakhona esithi: “Samweli! Samweli!” Wasabela uSamweli wathi: “Thetha; siphulaphule isicaka sakho.”

11Wathi ke uNdikhoyo kuSamweli: “Uyabona, ndiza kwenza into kwaSirayeli eya kutsho zithi nzwii iindlebe zabantu bonke abaya kuyiva.

12Umlomo wam ngomzi kaEli ndiza kuwufezekisa ngaloo mini, ndisuse ekuqaleni ndise esiphelweni.

13Phofu ke sendimxelele ukuba umzi wakowabo ndiza kuwohlwaya ngokupheleleyo ngenxa yesono asaziyo soonyana bakhe. Kaloku oonyana bakhe balinyelisa igama lam, waza yena akabakhalimela.

14Ke ngoko ndifunge ndathi kumzi kaEli: ‘Akukho dini namnikelo uya kuze ube nako ukulicamagushela ityala lakho.’ ”

15USamweli wangqengqa kwada kwasa. Uthe akuvuka, wavula iingcango zendlu yakwaNdikhoyo. Woyika ukubalisela uEli ngombono wakhe.

16Ke kaloku uEli wambiza uSamweli, wathi: “Samweli, mfo wam!” Waphendula uSamweli wathi: “Ndim lo!”

17Wambuza esithi: “Lizwi lini na eli uNdikhoyo alithethe kuwe? Musa ukundifihlela; ndixelele. UThixo uya kuba nento yokwenza nawe ukuba akundixeleli into yonke ayithethileyo.”

18Wachaza konke ke uSamweli, akafihla nto. Watsho wathi uEli: “Nguye uNdikhoyo; makenze loo nto abona ukuba ifanele ukwenziwa.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Waya ekhula uSamweli, uNdikhoyo enaye, zaza nezinto ezathethwa
nguSamweli zazalisekiswa.

20AmaSirayeli, ukususela eDan kuye eBheshebha, aqonda ukuba uSamweli
wayengumshumayeli onyanisekileyo kaNdikhoyo.

21UNdikhoyo ke wathi rhoqo ukuvela eShilo, apho wazityhila khona ngezwi
lakhe kuSamweli.

1 Kasamweli 4

1Ilizwi likaSamweli lafikelela kumaSirayeli onke.

Ukuthinjwa kwetyesi yomnqophiso

Aphuma amaSirayeli, ahlangabezana namaFilistiya ukuya kulwa nawo.
AmaSirayeli amisa e-Ebhenezere; wona amaFilistiya amisa eAfeki.

2AmaFilistiya akha uluhlu ukukhawulela amaSirayeli, kwahlanganwa,
zanqoza, aswantsuliswa amaSirayeli ngamaFilistiya, kwawa amawaka amane
amaSirayeli kwelo dabi.

3Ukufika kwawo ekampini amajoni asindileyo edabini akhuza amadoda
amakhulu, athi: “Ngani ukuba namhlanje uNdikhoyo asiyekele
siswantsuliswe ngamaFilistiya? Masiye kuphuthuma ityesi yomnqophiso
kaNdikhoyo eShilo, ibe lapha phakathi kwethu, khon' ukuze isisindise
esandleni seentshaba zethu.”

4Kwathunywa izigidimi eShilo ukuba ziye kuphuthuma ityesi yomnqophiso
kaNdikhoyo onamandla onke, yena ongqongwe zizithunywa
ezimaphiko. Kweza noonyana bakaEli uHofeni noPineyasi, bekhapha ityesi
yomnqophiso.

5Atsho ngentlokomakazi enkulu amaSirayeli ukufika kwetyesi yomnqophiso
kaNdikhoyo ekampini, watsho wanyikima umhlaba!

6Athi akuyiva loo ntswahla amaFilistiya, athi: “Yeyantoni na le ntsholo
ingaka ekampini yamaSirayeli?” Athe akuva ukuba kufike ityesi kaNdikhoyo
ekampini yamaSirayeli,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7ankwantya kukoyika amaFilistiya, esithi: “Kufike uThixo ekampini
yamaSirayeli! Yehaa! Ayizange ibekho into enjengale ngaphambili!

8Sifile thina! Yaz'ba sosinda kanjani na esandleni salo Thixo unamandla?
Asinguye na owabatshabalalisela entlango ngezibetho amaJiputa?

9Yomelelani, maFilistiya! Yibani ngamadoda, hleze nathi sibe zizicaka
zamaSirayeli kanye njengoko nawo ayezizicaka zethu! Kuf' ayayo, madoda!”

10Alwa ke amaFilistiya, awaswantsulisa amaSirayeli, aya kutshona ngezindlu
zawo. Kwajub' ugodo kwelo dabi, kwawa amashumi amathathu amawaka
amajoni akwaSirayeli.

11Yathinjwa ngamaFilistiya ityesi yomnqophiso kaThixo, oonyana bakaEli
uHofeni noPineyasi basala apho itshoba lilel' umbethe.

Ukufa kukaEli

12Kwabakho mfo uthile wakwaBhenjamin owaxhina ukusuka edabini, waya
kugaleleka eShilo kwangaloo mini. Izambatho zakhe zazikrazukile, intloko
izele luthuli.

13Ukufika kwaloo mfo uEli wayehleli ecaleni kwendlela, ejonge enkalweni,
exhalele ityesi yomnqophiso. Loo ndoda yaziphalaza esixekweni ezo ndaba
zimbi, kothuka wonke umntu, yaba sisikhalo sodwa.

14Akusiva eso sijwili uEli wabuza wathi: “Yintoni unobangela wale ngxolo?”
Loo ndoda yakhawuleza yaya kuEli.

(15Wayeselemashumi alithoba nesibhozo ubudala uEli, selephants' ukuba
yimpumputhela yexhego.)

16Yamxelela loo ndoda uEli, yathi: “Ndibhungce edabini kwanamhlanje,
ndaxhina okoko ukuza apha.” “Kwenzekeni, mfo wam?” kubuza uEli.

17Wathi loo mfo ubhunce edabini ukuphendula: “AmaSirayeli aswantsulisiwe
ngamaFilistiya, yaye kufe amaSirayeli amaninzi, noonyana bakho uHofeni
noPineyasi baphakathi kwaloo madoda awileyo. Ndithi kuthinjwe nkqu
netyesi kaThixo leyo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

18Uthe akuva kukhankanywa netyesi yomnqophiso uEli, waphequka kweso sihlalo sakhe ngasesangweni, wophuka ilungu lentamo, wafa. Kaloku wayeselaluphele, ekwanesiqu. Wayeyinkokheli kwaSirayeli iminyaka engamashumi amane.

Ukufa komka-Pineyasi

19Ngelo xesha umolokazana kaEli, umka-Pineyasi, wayekhulelwe, seleza kukhululeka. Wathi ke akuziva iindaba zokuthinjwa kwetyesi yomnqophiso kaThixo, nokuba uyisezala kunye nomyeni wakhe abasekho, wasuka waguqa, wazala. Zamongamela iintlungu zokubeleka.

20Kwathi xa aqhawukayo, abafazi ababembelekisa bathi kuye: “Qina, mfazi; uzele inkwenkwe.” Yena wasuka akaphendula, akabahoya nokubahoya oku.

21Wathi igama laloo mntwana nguIkabhodi, esithi: “Udumo lumkile kwaSirayeli,” kuba ityesi kaThixo ibithinjiwe, uyisezala nomyeni wakhe nabo babeswelekile.

22Wathi: “Udumo lumkile kwaSirayeli, kuba ityesi kaThixo ithinjiwe.”

1 Kasamweli 5

Ityesi yomnqophiso kwelamaFilistiya

1Ayithatha amaFilistiya ityesi kaThixo e-Ebhenezere, ayisa eAshdode.

2Apho afika ayingenisa endlwini yothixo wawo uDagoni, ayimisa ecaleni kwakhe.

3Ngentsasa elandelayo amaFilistiya afika, tyhini uDagoni uthe qungqululu emhlabeni, ewe ngobuso ngaphambi kwetyesi kaNdikhoyo! Babuya bammisa kwasendaweni yakhe uDagoni.

4Kwakhona ngentsasa elandelayo bafike tyhini kwakhona nanko uDagoni equngquluze ngaphambi kwetyesi kaNdikhoyo! Ngoku wayeqhawuke intloko nezandla, zingasemgubasini wendlu leyo, yena uDagoni esele esisibhukubhuku nje.

© 1996 Bible Society of South Africa.

(5Unanamhla oku ababingeleli bakaDagoni, nabani na ongena endlwini
kaDagoni eseAshdode, uyawutsiba umgubasi ngenxa yale ntlekele.)

6UNdikhoyo wabaphatha gadalala abantu baseAshdode neziphaluka zayo.
Wabathobela izibetho, wabathuthumbisa ngamathumba.

7Athi amadoda alapho akuqonda le meko: “Le tyesi yoThixo wamaSirayeli
mayisuke apha phakathi kwethu. Naku esimise kakubi kunye noDagoni
uthixo wethu.”

8Kwabizwa intlanganiso yeenkosi zamaFilistiya, kwabuzwa kuzo kwathiwa:
“Nithi mayithiweni na le tyesi yoThixo wamaSirayeli?” Zaphendula zathi:
“Mayisiwe eGati ityesi yoThixo wamaSirayeli.” Yasiwa apho ke.

9Nalapho uNdikhoyo wabamisa kakubi abantu, batsho bazizantanta,
wabathuthumbisa ngamathumba, omncinci nomdala ngokufanayo.

10Yadluliselwa e-Ekron ityesi yomnqophiso kaThixo. Yathi isafikanje abantu
balapho bakhalaza besithi: “Baze kusibulalisa ngalaa tyesi yoThixo
wamaSirayeli thina nabantu bethu!”

11Abantu balapho babiza iinkosi zamaFilistiya, babhekisa kuzo bathi:
“Sincedeni; yisuseni apha kuthi le tyesi yoThixo wamaSirayeli. Mayibuyele
kowayo, hleze isibulale thina nabantu bethu.” Kaloku bonke abantu besixeko
babenkwantyisiwe kukufa, kuba uThixo wayebamise kakubi.

12Abantu abangafanga babethuthunjiswa ngamathumba, senyuka isikhalo
sesixeko, sada savakala nasezulwini.

1 Kasamweli 6

Ukugoduswa kwetyesi yomnqophiso

1Yaba ziinyanga ezisixhenxe ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo
ikwelamaFilistiya.

2Andula ke amaFilistiya ukubiza ababingeleli noosiyazi balapho, bathi kubo:
“Masiyithini na ityesi kaNdikhoyo? Kufuneka sithini na ukuyigodusa?”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

3Baphendula ababingeleli noosiyazi bathi: “Kaloku xa niyigodusa ityesi yoThixo wamaSirayeli, kufuneka ikhatshwe ngento yokungxengxezela ityala, ingahambi ingaphethe nto. Xa nenjenjalo niya kuphila, nitsho niyiqonde nembangi yokuba athi rhoqo ukunohlwaya uThixo kaSirayeli.”

4Abuza amaFilistiya athi: “Ingakhatshwa ngantoni na yokungxengxezela ityala?” Bathi ukuphendula ababingeleli: “Kaloku kufuneka niyikhaphe ngamathumba amahlanu awenziwe ngegolide, kunye neempuku ezintlanu ezenziwe ngegolide; inye kwezo nto imele inkosi yamaFilistiya nganye. Kaloku nonke nabethwa ngobhubhani ngokufanayo kunye neenkosi zenu zontlanu.

5Ze niyenze ke, bethu, le mifuziselo yamathumba enu nezi mpuku zenu zibhubhisa ilizwe, nimzukise uThixo wamaSirayeli. Mhlawumbi ke angatsho apheze ukunibetha nina kunye noothixo benu nelizwe lenu.

6Yini ukuba niqaqadeke, nixele amaJiputa nokumkani wawo? Kaloku uThixo wawaphatha gadalala amaJiputa, aza awayeka amaSirayeli agoduka.

7“Ngoko ke yenzani inqwelo entsha, nize neemazi ezimbini ezinamankonyane ezingayaziyo idyokhwe. Zibopheni, wona amankonyane niwafake esibaya.

8Ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo ze niyilayishe kuloo nqwelo, nize ecaleni layo nibeke ibhokisi enalaa mifuziselo yenziwe ngegolide, leyo ningxengxeza ngayo kuye. Nize ke iimazi niziyeke zizihambele.

9Ze nijonge ke. Xa inqwelo ithe yasinga kowayo ngaseBhete-shemeshe, soqonda ngaloo nto ukuba kuthe kanti nguThixo kaSirayeli lo usithumele le ntlekele. Kodwa ke ukuba ayiyanga ngakhona siya kwazi ukuba asinguye obesithuthumbisa, yinto nje efane yehla.”

10AmaFilistiya enze njengoko ayeyalelwe. Abopha iimazi zambini, awavalela esibaya amankonyane.

11Ayilayisha ityesi yomnqophiso enqweleni, ayilayisha naloo bhokisi iphethe imifuziselo yeempuku namathumba eyenziwe ngegolide.

© 1996 Bible Society of South Africa.

12Zenjenjeya ukusinga ngaseBhete-shemeshe ezo mazi, zithe ngqo endleleni, zihamba zinxakama njalo, zingatyekeli ngasekhohlo nasekunene. Zona iinkosi zamaFilistiya zazilandela zada zaya kuma ngomda waseBhete-shemeshe.

13Ukuthi gqi kwayo ityesi yomnqophiso abantu baseBhete-shemeshe babesentlanjeni, bevuna ingqolowa. Yeka ke imincili yabo bakuyibona ityesi yomnqophiso!

14Loo nqwelo yaya kuma malunga nelitye elikhulu entsimini yomfo ekwakusithiwa nguYoshuwa waseBhete-shemeshe. Bayinqunqa yaziinkuni loo nqwelo, baxhela nezo mazi, benzela ngazo uNdikhoyo idini elitshiswayo.

15AbaLevi bayithula ityesi yomnqophiso kunye naloo bhokisi yayinemifuziselo eyenziwe ngegolide, bazibeka phezu kwelo litye likhulu. Abemi baseBhete-shemeshe benzela uNdikhoyo iminikelo kunye namadini atshiswayo.

16Emva kokuba zibukele iinkosi zamaFilistiya zabuyela e-Ekron kwangaloo mini.

17AmaFilistiya ayethumele imifuziselo yamathumba emihlanu enziwe ngegolide, engxengxeza ngayo kuNdikhoyo. Umfuziselo ngamnye wawumele isixeko. Ezo zixeko yayiyiAshdode, iGaza, iAshkelon, iGati, kunye ne-Ekron.

18Bathumela kwanemifuziselo yeempuku ezenziwe ngegolide. Impuku nganye yayimele isixeko ngasinye sezo nkosi zintlanu zamaFilistiya, nditsho izixeko ezibiyelweyo kunye neziphaluka zazo. Elo litye lalisentsimini kaYoshuwa waseBhete-shemeshe lisemi apho unanamhla oku, libubungqina bento eyehla apho.

19UNdikhoyo wababetha abemi baseBhete-shemeshe, kwafa abangamashumi asixhenxe, kuba kaloku basuka bayijonga ityesi yomnqophiso. Kwazilwa ngabemi balapho, kuba uNdikhoyo ebhubhise abantu abaninzi kangaka.

Ityesi yomnqophiso eKiriyati-yarim

© 1996 Bible Society of South Africa.

[20]Abemi baseBhete-shemeshe bathi: “Kambe ke ngubani onako ukuma phambi koNdikhoyo, lo Thixo wahluke kangaka? Singayithumela phi ityesi yakhe ukusuka apha?”

[21]Bathumela izigidimi eKiriyati-yarim ukuba ziye kuthi kubemi balapho: “Ayibuyisile amaFilistiya ityesi yomnqophiso. Yizani niyiphuthume.”

1 Kasamweli 7

[1]Abemi baseKiriyati-yarim baya kuyiphuthuma ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo, bayisa emzini ka-Abhinadabhi owawusendulini. Bamisela uElazare, unyana waloo mfo, ukuba ibe nguye ogcina ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo.

USamweli uba yinkokheli kwaSirayeli

[2]Yahlala ithuba elide ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo eKiriyati-yarim. Yaba ngamashumi amabini eminyaka ilapho. Ngelo xesha onke amaSirayeli ayezibika kuNdikhoyo ukuba awancede.

[3]Ngoko ke uSamweli wathi kwindlu yonke kaSirayeli: “Ukuba ngenene nibuyele kuNdikhoyo ngentliziyo epheleleyo, kufuneka nahlukane noothixo basemzini bonke, nilahle nemifanekiso yothixokazi uAshtaroti. Kufuneka nizimisele nizinikele kuNdikhoyo ngokupheleleyo, nikhonze yena yedwa. Yena ke wonihlangula esandleni samaFilistiya.”

[4]AmaSirayeli ke ayilahla imifanekiso kaBhali noAshtaroti, akhonza uNdikhoyo yedwa qwaba.

[5]Emva koko uSamweli wathi: “Onke amaSirayeli makahlangane eMizpa. Mna ke ndiya kunithandazela kuNdikhoyo.”

[6]Kwayiwa ke eMizpa kuloo mbizo, kwakhiwa amanzi, aza aphalazwa, kusenziwa umnikelo kuNdikhoyo. Kwakuzilwe imini yonke, abantu besithi: “Sinetyala kuNdikhoyo.” (NguSamweli owaba yinkokheli yamaSirayeli eMizpa.)

© 1996 Bible Society of South Africa.

7Athi akuva amaFilistiya ukuba nâko amaSirayeli eqokelelene eMizpa,
aphuma ekhokelwa ziinkosi zawo ukuya kuhlasela amaSirayeli. Zaya kufika
kumaSirayeli ezo ndaba, atsho awoyika amaFilistiya,

8athi kuSamweli: “Uze ungayeki ukusitarhuzela kuNdikhoyo uThixo wethu,
khon' ukuze asihlangule kumaFilistiya.”

9USamweli wathatha itakane, wenzela uNdikhoyo ngalo idini elitshiswayo
lilonke. Wacelela amaSirayeli uncedo kuNdikhoyo, weviwa nguNdikhoyo
umthandazo wakhe.

10Kanye xa uSamweli wayesenza elo dini, asondela amaFilistiya, elungiselela
ukuhlasela amaSirayeli. Kuthe kanye ngoko kwavakala ukuzongoma
kukaNdikhoyo, kusiza ngakumaFilistiya, atsho adideka, awabaleka
amaSirayeli.

11Asuka indulumbane amaSirayeli, ephuma eMizpa, awaleqa kujub' ugodo
ukuya ngaseBhete-kare.

12Emva koko uthathe ilitye lalinye uSamweli, walimisa phakathi kweMispa
neShen, wathi igama laloo ndawo yiEbhenezere, esithi: “Kude kwakalokunje
uNdikhoyo esinceda.”

13Kwaba njalo ke ukoyiswa kwamaFilistiya, ayeka ukuhlasela ummandla
kaSirayeli. Ngalo lonke ixesha esaphila uSamweli isandla sikaNdikhoyo
sasiwachasile amaFilistiya.

14Azibuyisela kwaSirayeli zonke izixeko ezaziphakathi kwe-Ekron neGati, ezo
ayezithimbile amaFilistiya. Waba ke wonke ummandla kaSirayeli
uyakhululeka kumaFilistiya. Kwabakho uxolo, nditsho naphakathi
kwamaSirayeli nama-Amori.

15USamweli waba yinkokheli yamaSirayeli bonke ubomi bakhe.

16Minyaka le wayedla ngokwenza umjikelo, aye eBhetele, eGiligali,
naseMizpa, afike apho alamle iimbambano zabantu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Ukusuka apho wayegoduka aye eRama, apho wayefika alamle nakhona.
Apho eRama kulapho wakha iqonga lokwenzela uNdikhoyo amadini.

1 Kasamweli 8

AmaSirayeli afuna ikumkani

1Ke kaloku uthe uSamweli akwaluphala wamisela oonyana bakhe baba
ziinkokheli zamaSirayeli.

2Unyana omkhulu wayenguJoweli, omncinci inguAbhiya. Babeziinkokheli
eBheshebha.

3Kambe ke bona babengamfuzanga uyise; bona babesemva kwenzuzo
ngobuqhetseba, bengamathanda-kunyotywa, belamla ngesheyi.

4Amadoda amakhulu ke akwaSirayeli aqokelelana, aya kutsho eRama
kuSamweli,

5afika athi kuye: “Sewaluphele wena ngoku, yaye noonyana bakho
abakufuzanga mpela. Ngoko ke sityumbele ukumkani, khon' ukuze nathi
sifane nezinye izizwe, sibe nokumkani osilawulayo. ”

6Samngena kakubi uSamweli isicelo sabo sokufuna ukumkani. Wabhenela
kuNdikhoyo,

7waza wathi kuye uNdikhoyo: “Bek' iindlebe uyiphulaphule into
abayithethayo aba bantu. Ababukuli wena; ndim lo bangamfuniyo ukuba
abalawule.

8Okoko ndaphuma nabo eJiputa, kude kube namhlanje, basoloko
bendifulathela bekhonza thixo bambi; nangoku basayenza loo nto!

9Siphulaphule isicelo sabo, kodwa uze ubaqonononondise ibacacele impatho
abaya kuyifumana kwabo kumkani babafunayo.”

10USamweli wawaxelela ke amaSirayeli awayefuna ukumkani konke
okwathethwa nguNdikhoyo,

© 1996 Bible Society of South Africa.

11wathi: “Ukumkani oya kunilawula uya kwenjenje: Woseka umkhosi
ngoonyana benu. Abanye wobenza umkhosi weenqwelo, abanye babe
ngumkhosi okhwela amahashe, abanye bagijime ngaphambi kwenqwelo
yakhe.

12Abanye boba ngabaphathi-mabutho, abanye babe ngabaphathi-maqela,
abanye balime amasimi akhe, bavune nokuvuna, kubekho nabo baxhonkxa
izikhali zokulwa kunye nezixhobo zeenqwelo zakhe.

13Iintombi zenu wozenza zibe ngabaqholi nabapheki nababhaki bakhe.

14Awona mahle amasimi enu, izidiliya, namabhoma eminquma, ukumkani
wowahlutha awanike amaphakathi akhe.

15Wobiza isahlulo sesishumi sengqolowa nediliya yenu, ayinike amagosa
akhe.

16Izicaka nezicakakazi zenu, neenkabi zenu, ezona zintle, kwakunye needonki
zenu, wozithimba zisebenzele yena.

17Isishumi semihlambi yenu wofuna siye kuye; lilonke niya kuba zizicaka
zakhe.

18Nakuba nimfumene kwanina niya kumkhalazela loo kumkani
nimtyumbileyo. Ke yena uNdikhoyo akayi kuba saniphulaphula.”

19AmaSirayeli akazange amphulaphule uSamweli, suka athi: “Hayi, sifuna
ukulawulwa ngukumkani thina.

20Xa kunjalo sofana nazo zonke ezinye iintlanga, sibe nokumkani
osikhokelayo nasemfazweni.”

21Wayiphulaphula yonke loo ntetho yabo uSamweli, waza waya kuyithetha
ezindlebeni zikaNdikhoyo.

22UNdikhoyo waphendula wenjenje: “Kulungile ke, banike ukumkani.”
USamweli ke uthe kumaSirayeli: “Makhe nigoduke, madoda.”

1 Kasamweli 9

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

USawule udibana noSamweli

1Ke kaloku kwakukho indwalutho yakwaBhenjamin eyayinguKishe igama,
unyana ka-Abhiyeli, kaZerore, kaBhekorati, ka-Afiya.

2UKishe wayenonyana ogama linguSawule, igatyana lenzwana yomfana. Lo
mfana wayesukile egadeni evela kuwo onke amaSirayeli.

3Ke kaloku kwalahleka iidonki zikaKishe uyise kaSawule. UKishe wabiza
uSawule, wathi kuye: “Hamba kunye nesinye isicaka, uye kufuna iidonki
zam, mfo wam.”

4Banduluka ke abafana, bacanda kwaEfrayim kweleenduli, bawutyhutyha
nommandla waseShalisha, abazifumana noko. Bajika baya kucanda
nakummandla waseShalim, nalapho abazibona. Babuya bawutyhutyha
ummandla wakwaBhenjamin, kodwa nalapho azabikho.

5Bathe bakufika kummandla waseZufi, uSawule wathi kwisicaka
awayehamba naso: “Mfondini, ndithi mna masigoduke ngoku. Ngahle ubawo
akasacingi ngazidonki ngoku, selenexhala ngathi.”

6Sithe isicaka: “Khawume! Apha kule dolophu kukho umfo wakwaThixo
ohlonitshwe kakhulu nothi akuzithetha izinto zibe njengoko atshiloyo. Makhe
siye kuye; mhlawumbi ke nathi angasibeka emkhondweni.”

7USawule uthe: “Mfondini, uthi siya kumnika ntoni? Asisenamphako
nasezingxoweni; asinanto sinayo konke esingamnikayo umfo wakwaThixo lo.
Ngaba sinento esinayo na?”

8Sithe isicaka ukuphendula: “Ndinabumalana apha kum endingamnika bona
ukuze asibeke emkhondweni.”

9-11Uthe uSamweli: “Ngxatsho ke! Utsho endodeni; masiye!” Baya ke kuloo
dolophu kwakuhlala kuyo lo mfo wakwaThixo. Bathi besanyuka induli
bejonge edolophini, bahlangana negqiza leentombi ezaziya kukha amanzi.
Babuza kuzo bathi: “Ngaba imboni ikho na edolophini?” (Kaloku ngaloo
maxesha abashumayeli kwakusithiwa ziimboni.)

© 1996 Bible Society of South Africa.

12Zathi ezo ntombi: “Ewe, ikhona. Yandulela nina. Khawulezani. Isandul'
ukufika namhlanje apha edolophini. Ize kulaa msebenzi wokwenza idini
phaya endulini.

13Ukuba niyasukela, noyifumana ingekanyuki phaya kulaa nduli ukuya kutya.
Akusayi kutya bani ingekafiki yona. Kaloku kufuneka idini lisikelelwe yiyo
kuqala, bandule abamenyiweyo ukutya. Sukelani ke, ningaphozisi maseko;
noyifumana.”

14Basukela ooSamweli nesicaka ukusinga edolophini. Bathe bakungena
baqubisana noSamweli esendleleni eya endulini.

15Kwangomhla ongaphambi kwalowo uNdikhoyo wayeseletyhilele uSamweli
esithi:

16“Malunga neli xesha kanye ngomso ndiza kuthumela kuwe umfana ovela
kwelakwaBhenjamin. Uze umthambise abe ngumlawuli wabantu bam
amaSirayeli. Iza kuba nguye oya kubakhulula kumaFilistiya. Ndiyibonile
inkxwaleko yabantu bam, ndasiva nesikhalo sabo.”

17Wathi uSamweli akumthi ntla uSawule, uNdikhoyo wathi kuye: “Nguloo
mfana ke lowo bendithetha ngaye. Nguye oza kulawula abantu bam.”

18Wasuka uSawule waya kuSamweli owayesesangweni, wafika wathi:
“Khawutsho, bawo, singayifumana phi imboni apha?”

19Uphendule ngelithi uSamweli: “Ndim loo mboni. Hambani apha phambi
kwam, siye phaya kulaa ndawo kunqulelwa kuyo, nidle kunye nam
namhlanje. Loo nto nize ngayo ndoyichaza ngomso, ndinikhulule ke,
nihambe.

20Musani kuba sazikhathaza ngeedonki eziyâ bezilahlekile izolo elinye;
sezifunyenwe. Ngubani na oza kuzuza elona wonga kwaSirayeli? Asinguwe
na nomzi kayihlo uphela?”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21USawule uthe ukuphendula: “Mna ndingowakwaBhenjamin, esona sizwe
sincinane kwaSirayeli, yaye nabesiduko sakowethu ngowona mzi uphantsi
kweso sizwe. Kungani na ukuba uthethe nam ngolu hlobo?”

22USamweli wabangenisa ooSawule nesicaka sakhe egumbini elikhulu,
wabahlalisa ezihlalweni zabona bahloniphekileyo phambi kwezinye
iindwendwe ezimenyiweyo ezazimalunga namashumi amathathu.

23Wabhekisa kumpheki uSamweli, wathi: “Yiza nalaa nyama bendikunike
yona ndathi yibeke bucala.”

24Waza ke umpheki weza nomlenze nokuhamba nawo, wawubeka phambi
koSawule. Uthe ke uSamweli: “Nantso ke inyama obuyibekelwe. Yitye.
Bendiyigcinele wena, ukuze uyitye kwesi sidlo kunye nabo bamenyiweyo.”
USawule ke waba lundwendwe lukaSamweli ngaloo mini.

25Bathe ukubuya kulaa ndawo yokunqula, uSamweli wancokola noSawule
endaweni eyakhiweyo phezu kwendlu. Walala apho ngobo busuku.

USamweli uthambisa uSawule

26Kuthe ekuseni uSamweli waya kuvusa uSawule kulaa ndawo wayelele kuyo,
wathi: “Vuka ngoku, ndikukhulule uhambe.” Wavuka uSawule. Baphuma
kunye noSamweli.

27Bathe xa bengasekuphumeni kwedolophu, wathi uSamweli kuSawule: “Yithi
kwesi sicaka sakho masikhe sibe sihamba phambili.” Sahamba ke isicaka,
waza ke uSamweli waqhuba wathi: “Khawuthi xha nje kancinci khe
ndikuxelele udaba oluvela kuThixo.”

1 Kasamweli 10

1Ke kaloku uSamweli urhole iqhaga elalinamafutha omnquma, wawagalela
entloko kaSawule, wamanga, wathi: “Uyakuthambisa uNdikhoyo ukuze
ulawule abantu bakhe.

2Ukwahlukana kwethu namhlanje uya kuhlangana namadoda amabini phaya
ngakwingcwaba likaRakeli eZeleza kumda wakwaBhenjamin. Aya kuthi

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

kuwe: ‘Eziya donki ubuye kuzikhangela zifumanekile, yaye noyihlo akasazidubi ngazo ngoku, seleziduba ngawe. Selesithi: “Yaz'ba ndiza kuyithini na into yokungabuyi konyana wam?” ’

3“Ùya kudlula apho, uye kutsho eTabhore kumthi wom-oki, apho wohlangana khona namadoda amathathu esendleleni eya eBhetele ukuya kukhonza uThixo. Enye indoda yoba ithwele amatakane ebhokhwe amathathu, enye iphethe izonka ezithathu, enye ixwaye imvaba yewayini.

4Loo madoda aya kukubulisa, akunike izonka ezibini, oya kuthi wena uzithathe.

5Emva koko uya kufika kulaa nduli kaThixo iseGibheya, apho amaFilistiya anekampu yamajoni. Ekungeneni kwakho edolophini apho wohlangana nomgcelele wabashumayeli, bevela endulini apho, behamba bebetha iihapu, amagubu, iimpempe, neekatala, beshumayela besemoyeni.

6Nawe ke uya kungenwa nguMoya kaNdikhoyo ngamandla, utsho ungenelele kuloo ntshumayelo nakuloo ntsholo yabo, ube mntu wumbi.

7Yakuba le miqondiso izalisekile uze wenze oko kusemandleni akho, kuba uThixo unawe.

8Uya kundandulela ukuya eGiligali. Nakanjani ndiya kufika, senzele khona uNdikhoyo amadini atshiswayo nawobudlelane. Uze undilinde apho iintsuku ezisixhenxe, ndide ndifike, ndikuyalele into omawuyenze.”

USawule phakathi kwabashumayeli

9Uthe uSawule xa ejika enika uSamweli umva, uThixo wamnika mo yimbi uSawule. Yaye yonke loo miqondiso yayithethwe nguSamweli yazalisekiswa kwangaloo mini.

10Ukufika kukaSawule nesicaka eGibheya wahlangatyezwa ngumgcelele wabashumayeli. UMoya kaThixo wamngena ngamandla, waza naye wangenelela washumayela.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11Bathi bakumbona esenza loo nto abantu ababekade bemazi, babuzana besithi: “Yeha ke! Nithi ungenwe yini na unyana kaKishe? Nithi noSawule selewaba ngomnye wabashumayeli na?”

12“Bangoonyana bakabani bona aba?” wavakala esitsho omnye wabemi balapho. Savela loo mini ke isaci esithi: “NoSawule lo kanti selewaba ngomnye wabashumayeli na?”

13Wathi akuyeka ukushumayela uSawule, wenyuka waya endulini.

14Uyisekazi akumbona yena nesicaka sakhe, wathi: “Khawutsho; nivela phi?” “Besikhangela iidonki,” uphendule watsho uSawule. “Sithe ke sakungaziboni saya kuSamweli.”

15“Waza wathini ke uSamweli kuni?” kubuza uyisekazi.

16“Usixelele ukuba iidonki zifunyenwe.” NguSawule ke otshoyo; phofu akachaza nto kuyisekazi ngentetho kaSamweli ngombandela wokuba ngukumkani.

USawule umiselwa ebukumkanini

17Ke kaloku uSamweli wabiza abantu bakwaSirayeli ukuya kwaNdikhoyo eMizpa.

18Wabhekisa kubo wathi: “Utsho uNdikhoyo, uThixo kaSirayeli, ukuthi: ‘Ndim owakhupha amaSirayeli eJiputa, ndawahlangula kwingcinezelo yamaJiputa nezinye iikumkani.’

19Kodwa ngoku nimfulathele uThixo wenu onihlangulayo kuzo zonke iinkxwaleko neenzingo, naza nathi: ‘Simisele ikumkani isilawule.’ Ngoko ke, dwelani apha phambi koNdikhoyo ngokwezizwe zenu neziduko zenu.”

20Akuba uSamweli ezisondezile zonke izizwe zakwaSirayeli uNdikhoyo watyumba isizwe sakwaBhenjamin.

21Waza uSamweli wasondeza isizwe sakwaBhenjamin ngokweziduko zaso, kwaza kwatyunjwa indlu kaMatri, kuyo kwatyunjwa uSawule unyana kaKishe. Bamkhangela kodwa ababi nakumfumana.

© 1996 Bible Society of South Africa.

22Baza babuza kuNdikhoyo bathi: “Ngaba selefikile na?” UNdikhoyo wathi: “Ewe, nankuya ezimele phaya emva kwemithwalo.”

23Akhawuleza aya kumrhola apho amadoda, amzisa ebantwini. Kwathi xa emi phakathi kwabo wavela ngentloko kubo bonke.

24Wenjenje ke uSamweli ukubhekisa ebantwini: “Nanku ke umntu otyunjwe nguNdikhoyo. Niyabona nani ukuba akukho namnye onjengaye phakathi kwethu.” Baduma bonke abantu, bathi: “Huntshu-u-u, ad' akhokhob' ukumkani!”

25Ke uSamweli wabachazela ngemigaqo yobukumkani, wayibhala encwadini, waza wayibeka phambi kukaNdikhoyo. Wabandulula ke bonke, bagoduka.

26Naye uSawule waya kowabo eGibheya. Kwabakho magorha antliziyo zichukunyiswe nguThixo, ahamba naye.

27Babakho kambe noongantweni ababesithi: “Yintoni engenziwa ngulaa mfo ukusihlangula?” Bamdela, abamenzela zinwe; phofu wathi cwaka yena uSawule.

1 Kasamweli 11

USawule uchitha umkhosi wama-Amon

1Ukumkani uNahashe wama-Amon wahlasela idolophu iJabheshe ekummandla wamaGiliyadi, wayivingcela. Amadoda onke alapho eJabheshe athi kukumkani uNahashe: “Masenze umnqophiso woxolo. Siyavuma ukukuthobela.”

2UNahashe uthe ukuphendula: “Loo mnqophiso ndiya kuwenza kuphela xa sivanayo ukuba ndikrolonqe iliso lasekunene kumntu ngamnye, khon' ukuze ndiwahlazise amaSirayeli.”

3Athe ukuphendula amadoda amakhulu aseJabheshe: “Khawusiphe iintsuku zibe sixhenxe, sikhe sithumele izigidimi kulo lonke elakwaSirayeli kuqala. Ukuba akakho osihlangulayo, sozincama sinikezele.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Ezo zigidimi zaya kugaleleka eGibheya kuloSawule. Zathi zakuziphalaza ezo
ndaba, basitsho abantu isikhalo.

5Wayesafika evela emasimini neenkabi zakhe uSawule. “Kwenzeke ntoni
ebantwini? Sisijwili sani esi basenzayo?” NguSawule obuzayo. Abantu
bamxelela ezo ndaba zazize nezigidimi zaseJabheshe.

6Akuyiva loo nto uSawule wafikelwa nguMoya kaThixo ngamandla, wabila
ngumsindo.

7Wathatha iinkabi zambini, wazihlahla zayimibengo, wathi izigidimi maziyise
kulo lonke elakwaSirayeli, zihambe ziyala abantu zisithi: “Umntu ongayiyo
emfazweni kunye noSawule noSamweli iinkabi zakhe zoba yimibengo.”
AmaSirayeli onganyelwa kukuhlonela uNdikhoyo, aphuma onke, akwasala
nempunde le.

8USawule wawaqokelela eBhezeki. Yayingamakhulu mathathu amawaka
amadoda avela kwaSirayeli, namashumi mathathu amawaka amadoda avela
kwaJuda.

9Izigidimi ezivela eJabheshe kwathiwa mazigoduke nomyalezo othi: “Ze
niwaxelele amawenu nithi: ‘Ngomso oku, ngemini emaqanda, nobe
nihlangulwe.’ ” Bavuya kakhulu wakufika loo myalezo abantu baseJabheshe.

10Bathumela kuma-Amon, bathi: “Siyanikezela ngomso, yaye ningenza
unothanda ngathi.”

11Kwangentseni ngengomso uSawule wawenza amabutho amathathu umkhosi
wakhe. Wasuka indulumbane ukuphuma kwekhwezi, wawahlasela ama-
Amon. Kuthe kwakuba yimini emaqanda baba sebewaxhaxhile. Aba ziintsali
amadoda asindileyo, iyileyo izihambela yodwa.

12Emva koko amadoda aya kuSamweli, afika athi: “Aphi laa madoda ayesithi:
‘Singaphathwa nguSawule na thina?’ Wakhuphe, siwacime igama!”

13“Akuyi kubulawa mntu namhlanje, kuba olu lusuku uNdikhoyo ahlangule
ngalo uSirayeli,” watsho uSawule.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14USamweli yena uvakele esithi: “Yizani, makuyiwe eGiligali, sizinzise
ubukumkani bukaSawule.”

15Kwayiwa ke, baza apho, ngaphambi kukaNdikhoyo, bazinzisa ubukumkani
bukaSawule. Kwenziwa amadini obudlelwane apho, uSawule namaSirayeli
ephela bebhiyozela eso siganeko.

1 Kasamweli 12

Amazwi kaSamweli okuzibeka phantsi iintambo

1Wasuka ke uSamweli, wabhekisa kumaSirayeli ephela, wenjenje: “Niyabona,
into ebeniyicelile kum ndiyenzile, ndammisela ukumkani wenu.

2Nanku; uza kunilawula. Mna sendaluphele ndaba yingwevu. Noonyana bam
naba phakathi kwenu. Ndanikhokela ndisemtsha kude kuze kuthi gaa apha.

3Ndim lo ke, ndithi ukuba ndakha ndanona ndimangaleleni ngoku apha
phambi koNdikhoyo naphambi komthanjiswa wakhe ukumkani. Ndakha
ndahlutha bani inkabi yakhe yenkomo okanye idonki? Ndakha ndacinezela
bani na; ingubani endakha ndamngcungcuthekisa? Ngubani owakha
wandinyoba ukundivala umlomo? Ukuba ndakha ndayenza into enjalo, ndiya
kuyenza imbuyekezo.”

4Wahlokoma umzi wathi: “Akuzange wasicinezela nanini, ungazange
wangcungcuthekisa bani nakanye; yaye akuzange wathatha nto mntwini.”

5Wathi ke uSamweli: “UNdikhoyo nomthanjiswa wakhe ukumkani
ngamangqina am ke ukuba kutsho nina ukuthi ndimsulwa.” “Ewe,” kutsho
abantu, “nguNdikhoyo ingqina lethu.”

6Uqhube wenjenje uSamweli: “Ingqina nguNdikhoyo lo watyumba uMosis
noAron, waza wabakhupha ooyihlo-mkhulu eJiputa.

7Sondelani ke, ndiniyale phambi koNdikhoyo ngokunikhumbuza
ngemisebenzi yobulungisa ayenzele nina nooyihlo.

8“Kwathi akuba seJiputa uYakobi nomzi wakhe, bazibika kuNdikhoyo,yena
wathumela uMosis noAron ababakhuphayo eJiputa, beza kuma kulo mhlaba.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Bathi bakuba lapha abantu bamlibala uNdikhoyo uThixo wabo. Yena ke
ngoko wabanikela esandleni sikaSisera umphathi womkhosi waseHazore,
nakumaFilistiya, nakukumkani wakwaMowabhi, – zintshaba zabo ezo
ezabahlaselayo.

10Babuya bazibika kuNdikhoyo, besithi: ‘Ewe, sonile, kuba sikufulathele,
Ndikhoyo, sanqula ooBhali nooAshtaroti. Sihlangule kwiintshaba zethu;
sokhonza wena!’

11UNdikhoyo ke wathumela uGidiyon, noBharaki, noJefta, waza wagqibela
ngam. Wanihlangula kwiintshaba zenu macala onke, nahlala ngenzolo.

12Kodwa nithe nakuqonda ukuba ukumkani uNahashe wama-Amon ufuna
ukunihlasela, neza kum, nathi: ‘Sifuna ukumkani wethu,’ naxa uNdikhoyo
uThixo wenu engukumkani wenu.”

13Utyatyadule wathi uSamweli: “Nanku ke ukumkani enimkhethileyo.
Ufunwe nini ke; uNdikhoyo uyanikhululela ke ngoku.

14Kuya kuba hele, kube chosi, ukuba nje uNdikhoyo uThixo wenu
niyamhlonela, nimkhonze, nimphulaphule, ningaphikisani nomyalelo wakhe,
koko nimlandele nikunye nokumkani wenu onilawulayo.

15Kodwa ukuba animva uNdikhoyo, niphikisane nomyalelo wakhe, wonichasa
njengoko wenjenjalo kooyihlo-mkhulu.

16“Ngoku ke, yimani ngxishi, khon' ukuze nikubone oko kukhulu aza
kukwenza uNdikhoyo.

17Naxa ilixesha lokuvuna ingqolowa eli, ndiza kutsho kuNdikhoyo ahlise
imvula neendudumo. Niya kuqonda ke ukuba imbi kuNdikhoyo le nto
yokufuna kwenu ukumkani.”

18Wathandaza wabhekisa kuNdikhoyo ke uSamweli, kwaza kwangaloo mini
kwafika iindudumo kunye nemvula, zithunyelwe nguNdikhoyo. Abantu ke
ngoko bamoyika uNdikhoyo ngokunjalo noSamweli.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Bonke bathi kuSamweli: “Sithandazele kuNdikhoyo uThixo wakho, singafi,
thina zicaka zakho. Kuzo zonke izono zethu ebesikade sizenza songeze nobu
bubi bokuzicelela ukumkani.”

20USamweli wathi: “Ze ningoyiki! Ewe kambe, naxa nenze bonke obu bubi,
nize ningaphambuki nimke kuNdikhoyo, koko nize nimkhonze ngomxhelo
uphela.

21Nize ningarhorhozeli emva koothixo abangento. Abanako ukuninceda,
bengenako ukunihlangula. Kaloku bona zizinto ezingento nje.

22Ngenxa yegama lakhe elikhulu uNdikhoyo akayi kubalahla abantu bakhe,
kuba kwakholeka kuye ukunenza abantu bakhe ncakasana.

23Mna okokwam andingekhe ndimone uNdikhoyo ngokuyekelela
ukunithandazela. Ndizimisele ukunifundisa ukuhamba indlela ethe mbo.

24Kodwa uNdikhoyo nize nimthobele nimkhonze ninyanisekile ngomxhelo
uphela. Kaloku nizibonile ukuba zinkulu kwazo izinto anenzele zona.

25Kambe ke, ukuba niqhubela phambili ukwenza ububi, uya kunitshabalalisa
kunye naloo kumkani wenu.”

1 Kasamweli 13

USamweli ukhalala uSawule

1Akuba nonyaka ukuya kwiminyaka emibini elawula kwaSirayeli

2uSawule wakhetha amawaka amathathu amadoda akwaSirayeli. Amawaka
amabini asala naye eMikimashe naseBhetele kweleentaba. Elinye iwaka
walithumela eGibheya kummandla wakwaBhenjamin kunye noJonatan.
Amanye amadoda wathi makagoduke.

3UJonatan wahlasela ikampana yamaFilistiya eyayiseGebha. Yaduma
kwelamaFilistiya into yokuba amaSirayeli avus' umnyele. USawule
wathumela izigidimi ukuba zihambe zibeth' izigodlo kulo lonke, zithi: “Bekan'
iindlebe, maHebhere!”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Weva ke uSirayeli ephela, kusithiwa: “USawule uyihlasele ikampana yamaFilistiya, asuka amaSirayeli aba lizothe kumaFilistiya.” Amadoda akwaSirayeli abizelwa kuSawule eGiligali.

5AmaFilistiya aqokelela umkhosi wokulwa namaSirayeli. Yaba ngamashumi amathathu amawaka eenqwelo zokulwa, namawaka amathandathu amadoda akhwele kuzo, nenyambalala yamajoni. Enjenjeya ukuya kumisa ikampu yawo eMikimashe ngasempumalanga yeBhetaven.

6Athi amadoda akwaSirayeli akubona ukuba mbi kwemeko yawo, nokuxinwa komkhosi wawo, asuka aya kuziqhusheka emiqolombeni nasezihlahleni, ezixhotyeni zamawa, emihadini, nasemaquleni.

7Amanye amaHebhere awelela ngaphesheya kweJordan kwimimandla yakwaGadi naseGiliyadi. Wasala eGiligali yena uSawule, esankwantya luloyiko amadoda awayesele naye.

8Walinda iintsuku zasixhenxe, njengoko wayeyalelwe nguSamweli. Akafika yena uSamweli eGiligali. Amadoda kaSawule aya echithakala,

9waza ke wathi: “Sondezani kum izinto zokwenza amadini atshiswayo namadini obudlelane.” Zithe zakusiwa, wanikela idini elitshiswayo.

10Kuthe kanye xa agqibezelayo, wagaleleka uSamweli. USawule waya kumhlangabeza, ethakazela.

11Wasuka uSamweli wabuza wathi: “Yintoni le uyenzileyo, Sawule?” Uphendule ngelithi uSawule: “Hayi, ndithe ndakubona amadoda echithakala, nawe ungafiki ngexesha obuthe uya kufika ngalo, namaFilistiya eqokelelana eMikimashe,

12ndaqonda ukuba la maFilistiya ngahle asihlasele apha eGiligali singekabhekisi kuNdikhoyo. Ndeva ndinyanzelekile ke ukuba ndinikele idini elitshiswayo kuNdikhoyo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13“Wenze ubudenge ke khona!” kutsho uSamweli. “Uwutyeshele umyalelo
kaNdikhoyo uThixo wakho. Ukuba ubumthobele uNdikhoyo ubukumkani
bakho kwaSirayeli bebuya kuma bumi.

14Kodwa ke ngoku luza kunqamka ulawulo lwakho, kuba uwutyeshele kaloku
umyalelo kaNdikhoyo. UNdikhoyo uzityumbele enye indoda esenyongweni
yakhe ukuba ibalawule abantu bakhe. ”

15USamweli wesuka eGiligali waya eGibheya kummandla wakwaBhenjamin.
USawule wawabala amadoda asele naye, wafumana ukuba amalunga
namakhulu amathandathu.

AmaSirayeli aswele izikhali

16USawule nonyana wakhe uJonatan kunye nomkhosi wabo babemise eGebha
kummandla wamaBhenjamin. Wona amaFilistiya amisa eMikimashe.

17Umkhosi wamaFilistiya wakhupha amahlelo amathathu. Elinye ihlelo
laphuma laya ngaseOfra kummandla waseShuwali,

18elinye laya ngaseBhete-horon, elesithathu labheka kwimida ejongene nentili
iZebhoyim ngasentlango.

19KwaSirayeli kwakungekho bakhandi, kuba amaFilistiya athi: “AmaHebhere
osuka enze amakrele nemikhonto.”

20Kwakufuneka amaSirayeli aye kumaFilistiya xa afuna ukulolelwa amakhuba
namagaba, amazembe kunye neerhengqa zawo.

21Kwakuhlawulwa iqhosha lemali ngokulola izembe nangokulungisa incula,
abe mabini xa kulolwa isikali sekhuba okanye kubazwa iimviko.

22Ke ngoko ngomhla wedabi kwakungekho nanye indoda kwaSirayeli
eyayinekrele okanye umkhonto, ngaphandle nje kukaSawule nonyana wakhe
uJonatan.

Ubugorha bukaJonatan

23AmaFilistiya athumela igqiza lomkhosi wawo ukuya kuvala ingxingwa
yaseMikimashe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

1 Kasamweli 14

1Ngamhla uthile uJonatan unyana kaSawule wavakala esithi kumfana omphathela izikrweqe: “Masikhe siwelele ngaphesheya phaya kulaa kampana yamaFilistiya.” Phofu akayithethanga kuyise le nto uJonatan.

2USawule wayemise eMigron, phantsi komthi werharnati, kude kufuphi naseGibheya. Umkhosi wakhe wawungamadoda amalunga namakhulu amathandathu.

3 Isidanga sasiphathwa ngumbingeleli uAhiya unyana ka-Ahitubhi, umntakwabo-Ikabhodi, oonyana bakaPineyasi, abazukulwana bakaEli owayengumbingeleli kaNdikhoyo eShilo. Akazanga akuqaphele ukumka kukaJonatan nkqu namadoda omkhosi kaSawule.

4Kuloo ngxingwa yaseMikimashe, le wayeza kuphumelela kuyo uJonatan xa awelela kwikampana yamaFilistiya, kwakukho amawa amabini, eziingqajolo, ephahle loo ngxingwa. Kwakusithiwa nguBhozeze elinye ukubizwa kwalo, elinye kusithiwa nguSene.

5Elinye lalikwicala langasentla, lijonge eMikimashe, elinye lingasezantsi, lijonge eGebha.

6Ubuye wathi uJonatan kuloo mfana umphathela izikrweqe: “Masiwelele kulaa kampana yeziya ntlanga zingalukiyo. Mhlawumbi angakwicala lethu uNdikhoyo. Akukho nto inokumthintela uNdikhoyo ukuba angahlanguli, nditsho nokuba sibaninzi, nokuba simbalwa.”

7“Yenza ngokubona kwakho. Mna ndikwelo ulithethayo, naliphi na,” utshilo umfana.

8“Kulungile ke,” kutsho uJonatan. “Masiwele siye kuwo amaFilistiya, aze asibone.

9Xa athe: ‘Yimani side size kuni,’ siya kuma kuloo ndawo sikuyo, singayi kuwo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Kodwa ke xa athe: ‘Nyukani nize kuthi,’ siya kunyuka, kuba lowo
ngumqondiso wokuba uNdikhoyo uwanikele esandleni sethu.”

11Baziveza ke kwikampana yamaFilistiya, aza wona akubabona athi: “Tyhini,
nangaya amaSirayeli ephuma kulaa mihadi ebezimele kuyo!”

12Atsho akhweba uJonatan kunye nalaa mfana umphathela izikrweqe, esithi:
“Yizan' apha, sinifundise isifundo!” Uthe uJonatan kuloo mfana: “Ndilandele
sinyuke; uNdikhoyo uwanikele esandleni samaSirayeli.”

13UJonatan wenyuka iliwa ekhasa, elandelwa nguloo mfana, baya
kuphumela. Wawahlasela amaFilistiya uJonatan, kujuba ugodo nje, umfana
egqibezela awileyo.

14Kolu hlaselo lokuqala kwabulawa malunga namashumi amabini kwindawo
engangomhlathi ubukhulu bayo.

15Wadideka luloyiko wonke umkhosi wamaFilistiya, nditsho lowo
usekampini, nalowo usemathafeni, nalowo ukwiikampana, nalowo
ukumahlelo ahlaselayo. Bacela kwabasicatyana, watsho wanyikima umhlaba.
Yayingumsebenzi kaThixo ke lo.

Ukoyiswa kwamaFilistiya

16Amadoda omkhosi kaSawule awayegade eGibheya kummandla
wakwaBhenjamin, abona kuphithizela, amaFilistiya ethwangazela, ebaleka.

17Kweso sithuba uSawule ubhekise kumadoda esithi: “Khanibale amadoda
akhoyo, nikhangele ukuba ngawaphi na angekhoyo.” Kwakwenziwa njalo
kwacaca ukuba nguJonatan nomfana omphathela izikrweqe abangekhoyo.

18USawule ubize umbingeleli uAbhiya, esithi: “Yiza netyesi kaThixo.” (Ngelo
xesha yayikho kunye namaSirayeli.)

19Lo gama uSawule esathetha nombingeleli, saya sikhula sona isiphithi-phithi
phaya kwikampu yamaFilistiya. Waselesithi ke uSawule kumbingeleli:
“Khawuyeke!”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

20Waza uSawule wawuhlanganisa umkhosi wakhe, bawahlasela amaFilistiya.
Kwakusisiphithi-phithi, amaFilistiya ethe thwanga, esilwa odwa.

21Amanye amaHebhere awayengakwicala lamaFilistiya, awayefudula ehlala
nawo ekampini yawo, ajika angenela ngakuSawule noJonatan.

22Amanye awayebhacele kweleentaba lakwaEfrayim, athi akuva ukuba
amaFilistiya ayaswantsuliswa, abuya angenela, asukelisa.

23Idabi laya kutsho ngaphaya kweBhetaven. UNdikhoyo wayemhlangula
uSirayeli ngaloo mini.

UJonatan nobusi

24Ngaloo mini amaSirayeli ayesengxakini. Kaloku uSawule wenza isifungo
esibophelela abantu, wathi: “Inene, ndithi nabani na namhlanje okhe wasa
nantoni na phantsi kwempumlo ndingeka-ziphindezeli kwiintshaba zam
uqalekisiwe.” Ngoko ke akuzange kubekho mntu utyayo ngaloo mini.

25Umkhosi wonke waya kufika kwindawo enehlathi. Apho ehlathini
babubuninzi ubusi.

26Bakungena ehlathini babona ubusi butsitsa, kodwa akubangakho bani
ukhongozelayo atye; kaloku bonke babesoyika isiqalekiso sikaSawule.

27UJonatan yena wayengasivanga isifungo sikayise esibophelela abantu.
Wahlaba ngentonga awayeyiphethe enqatheni lobusi, yabuya imanzi, wafaka
emlonyeni, kwatsho kwee qabu kwangoko.

28Elinye ijoni lathi: “Uyihlo uwubophelele wonke umkhosi ngesifungo
esingqongqo, esithi: ‘Uqalekisiwe nabani na oya kuthi atye namhlanje.’ Yiloo
nto amadoda ephelelwe ngamandla nje.”

29UJonatan akuyiva loo nto, wathi: “Ubawo ulifake enkathazweni ilizwe!
Ndiziva ndidlamkile ngoku, ndakuba ndikhe ndangcamla intwana yobusi.

30Ngekukuhle kakhulu ukuba amawethu la ebeyekiwe akutya okuya kutya
kuthinjwe kwiintshaba zethu. AmaFilistiya afileyo nge-engaphezulu koku.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

31Ngaloo mhla emva kokuba amaSirayeli ewatyakatyile amaFilistiya ukusuka
eMikimashe kuse eAyalon, aziva ephelile kukudinwa.

32Asuka awatsibela amaxhoba, abamba iigusha, iinkomo, namathole, azixhela
kwalapho, ayitya loo nyama isenegazi.

33Kwabakho abaya kuxelela uSawule, besithi: “Mhlekazi, nangaya amadoda
esenza isono kuNdikhoyo ngokutya inyama enegazi.” “Nikreqile!” wavakala
esitsho uSawule. “Makuqengqwe ilitye elikhulu, liziswe apha,

34niye phaya kulawa madoda, nithi ndithi makeze nezo nkomo neegusha
zawo, azixhele apha, azitye, angenzi sono kuNdikhoyo ngokutya inyama
enegazi.” Beza nazo ke ezo nkomo, bazixhela apho ngokuhlwa kwaloo mini.

35USawule ke wamakhela iqonga uNdikhoyo. Wayeqala ukwenza oko.

36Wavakala esithi kumadoda omkhosi wakhe uSawule: “Masiwahlasele
amaFilistiya ngobu busuku, siwahluthe amaxhoba kude kuvele umsobomvu,
siwabulale onke.” Aphendula amadoda athi: “Qhuba ngokubona kwakho,
mhlekazi.” Kuselapho kunqande umbingeleli, wathi: “Masive kuThixo
kuqala.”

37USawule wabuza kuThixo esithi: “Ndingawahlasela kusini na amaFilistiya?
Xa siwahlasele, uya kuwanikela esandleni sethu na?” Kodwa ngaloo mini
akaphendulanga uThixo.

38Kwesi sithuba uSawule ubhekise kwiingqwayi-ngqwayi zomkhosi, wathi:
“Sondelani nonke, niphande ukuba sono sini na esenziwe kuNdikhoyo
namhlanje.

39Ndifunga uNdikhoyo ophilayo, lo ungumhlanguli kaSirayeli, ukuba loo
mntu wenze lo monakalo uya kufa, nditsho nokuba nguJonatan unyana
wam.” Kwathi nzwanga!

40Uthe uSawule kumkhosi wakhe uphela: “Kulungile ke, yimani kweliya cala
nonke; mna noJonatan siza kuma kweli.” “Yenza ngokubona kwakho,
mhlekazi,” yatsho impendulo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

41USawule ke wabhekisa kuNdikhoyo uThixo kaSirayeli, wathi: “Nceda
undinike impendulo enyanisekileyo.” Kwafika impendulo, isalatha ityala
kuJonatan kunye noSawule, umkhosi wona ungenatyala.

42Uqhube wenjenje uSawule: “Yalatha onetyala phakathi kwam nonyana
wam uJonatan.” Kwalathwa uJonatan.

43Ubuze uJonatan uSawule esithi: “Ndixelele, wenze sono sini?” UJonatan
uphendule wathi: “Ndingcamle nje intwana yobusi ngomva wentonga yam.
Ngaba mandifele loo nto?”

44USawule uthe: “UThixo aze andigwebe mna lo ukuba andikubulali wena.”

45Basuka abantu bathi: “NguJonatan lo uza kubulawa? Asinguye lo uzisele
uSirayeli uloyiso olungaka? Unotshe! Sifunga uThixo ophilayo, akayi kuthiwa
cha nto. Kuyo yonke into abeyenza namhlanje ubencedwa nguThixo.” Baba
ke abantu bayamsindisa ekufeni uJonatan ngaloo ndlela.

46Akabanga sawasukela amaFilistiya emva koko uSawule, asuka abuyela
elizweni lawo.

Ulawulo nomlibo kaSawule

47USawule ekubeni engene ezintanjeni zokulawula, wazilwa iintshaba
zamaSirayeli kwiindawo ngeendawo. Walwa namaMowabhi, ama-Amon,
kunye namaEdom, kwakunye neekumkani zaseZobha, namaFilistiya.
Wayetshatshela konke apho aya khona edabini.

48Wayesilwa ngokukhalipha, wachitha nkqu nama-Amaleki. Wawahlangula
amaSirayeli ekuhlaselweni ziintshaba zawo.

49Nanga amagama oonyana bakaSawule: nguJonatan, noIshvi, kunye
noMalkishuwa. Ezintombini enkulu yayinguMerabhi, encinci inguMikali.

50Igama lomkakhe yayinguAyinowam, intombi ka-Ahimazi. Umkhosi wakhe
wawuphantsi komntakwabo uAbhinere, unyana kaNere uyisekazi.

51UKishe uyise kaSawule kunye noNere uyise ka-Abhinere babengoonyana
baka-Abhiyeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.

52Wahlala esilwa ngamandla namaFilistiya uSawule bonke ubomi bakhe. Wayedla ngokufaka emkhosini wakhe yonke indoda eyomeleleyo nelikhalipha.

1 Kasamweli 15

Imfazwe yamaSirayeli nama-Amaleki

1Ke kaloku uSamweli wabhekisa kuSawule wenjenje: “Ndim owathunywa nguNdikhoyo ukuba ndikuthambise ube ngukumkani wabantu bakhe amaSirayeli. Phulaphula ke ngoku, uve udaba oluvela kuNdikhoyo. UNdikhoyo uThixo onamandla onke utsho ukuthi:

2‘Ama-Amaleki ndiza kuwohlwaya ngenxa yokuba ookhokho bawo bawalalela amaSirayeli xa wayevela eJiputa.

3Yiya kuwahlasela ama-Amaleki, utshayele konke okukokwawo. Ungashiyi nto; ubulale indoda, umfazi, umntwana, nkqu nosana olu lwembala; kufe zinkomo, zigusha, zinkamela, kunye nezo donki zawo.’ ”

4Wawuhlanganisela eTelayim wonke umkhosi wakhe uSawule, apho wafika wawumisa ngezintlu. Loo mkhosi wawungamakhulu amabini amawaka amajoni akwaSirayeli, kunye neshumi lamawaka lamajoni avela kwaJuda.

5Wesuka apho naloo mkhosi, waya kulalela ama-Amaleki kufuphi nesixeko sawo, ezindongeni zomfula.

6Wathi kumaKeni: “Phumani nimke phakathi kwama-Amaleki, ukuze ningachatshazelwa ligazi xa ndiwatshabalalisayo. Kaloku ookhokho benu baba novelwano kumaSirayeli ukufuduka kwawo eJiputa.” Emka ke amaKeni phakathi kwama-Amaleki.

7Wawaswantsulisa uSawule ama-Amaleki, zinqoza okoko ukusuka eHavila kuye kutsho eShure ngasempumalanga yaseJiputa.

8Wabanjwa ukumkani uAgagi, aza abulawa onke amanye ama-Amaleki.

9USawule namadoda omkhosi wakhe bamyeka abambulala ukumkani uAgagi; iinkomo neegusha ezintle abazange bazibulale kunye namathole namatakane

© 1996 Bible Society of South Africa.

azo. Yonke into entle bayigcina, batshabalalisa nje imigqutsuba nezinto ezingenaxabiso kuphela.

USawule uyakhiqwa ekulawuleni

10Lafika ilizwi likaNdikhoyo kuSamweli lisithi:

11“Ndiyazisola ngokumenza ukumkani uSawule lo. Selenxaxhile kum ngokungawuthobeli umyalelo wam.” Wakhathazeka kakhulu uSamweli yile nto. Wahlala ubusuku bonke ezibika kuNdikhoyo.

12Uvuke ekuseni uSamweli, waya kukhangela uSawule. Ufike kusithiwa: “USawule uye eKarmele, waza apho wamisa ilitye lesikhumbuzo sakhe, wedlula nalapho waya eGiligali.”

13Walanda ekhondweni uSamweli, wada wamfumana, uSawule wathi: “Makakuthamsanqele uNdikhoyo, Samweli! Ndiwufezile umyalelo kaNdikhoyo!”

14“Xa kunjalo, kokwantoni oku kukhala kweegusha ndikuvayo kunye nokunxakama kweenkomo?” ubuzile uSamweli.

15Uthe uSawule ukuphendula: “Zezithinjwe ngamadoda omkhosi wam kuma-Amaleki. Zonke ezinye bazitshabalalisile; bagcina nje ezona zintle, ukuze bamenzele amadini ngazo uNdikhoyo uThixo wakho.”

16“Khawume ke,” utshilo uSamweli, “ndikhe ndikuxelele ukuba utheni na kum uNdikhoyo phezolo.” “Ndixelele,” watsho uSawule.

17USamweli wathi: “Naxa wena wawuzibona uphantsi, kodwa wenziwa intloko yezizwe zakwaSirayeli. Wathanjiswa nguNdikhoyo ukuba ube ngukumkani wamaSirayeli,

18waza wakuyalela ukuba uye kutshabalalisa eziya zikhohlakali zama-Amaleki. Wakuxelela ukuba uze ulwe uwatshayele ade aphele onke kuthi tu.

19Ke kutheni ungamthobelanga nje uNdikhoyo? Wenze into embi phambi koNdikhoyo ngokungxamela ukuthatha amaxhoba.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

20“UNdikhoyo ndimthobele,” kutsho uSawule. “Ndiyile emfazweni ngokuthunywa nguye, ndambamba ukumkani uAgagi, kodwa ndawabulala onke amanye ama-Amaleki.

21Ke amajoni akazibulalanga ezona zintle iigusha neenkomo; eze nazo apha eGiligali, ukuza kwenzela uNdikhoyo uThixo wakho amadini.”

22Uqhube wenjenje uSamweli: “Ngaba yintoni emkholisayo uNdikhoyo: kukumthobela, okanye kukumenzela iminikelo namadini? Ukuthobela uNdikhoyo kubhetele kunokumenzela idini, nokuphulaphula kungcono kunamanqatha enkunzi!

23Ukumvukela uNdikhoyo nqwa nobugqwirha. Kanti nempakamo ifana nqwa nokunqula izithixo ngobubi. Ngenxa yokuba wena ulikhabile ilizwi likaNdikhoyo, naye ke uNdikhoyo uyakukhiqa ekulawuleni.”

24Uvakele selesithi uSawule kuSamweli: “Ndonile ngenene, kuba ndiphambukile kwilizwi likaNdikhoyo, ndayidela nemiyalelo yakho. Ndoyike umkhosi wam, ndenza ukuthanda kwawo.

25Ndincede undixolele isono sam, undikhaphe, ndiye kuqubuda kuNdikhoyo.”

26“Hayi, andizi kuhamba nawe. Kaloku wena ulikhabile ilizwi likaNdikhoyo, naye ke uNdikhoyo ukukhiqile ekulawuleni,” utshilo uSamweli.

27Uthe gwiqi uSamweli, eza kumshiya apho. USawule yena wamthi hlasi ngesondo lengubo, yakrazuka.

28Uthe ke uSamweli: “Namhlanje uNdikhoyo ulukrazule kuwe ulawulo lwamaSirayeli, walunika ummelwane wakho olungileyo kunawe.

29USimakade uThixo kaSirayeli akaxoki yena, yaye akaguquguquki. Kaloku akangomntu ulala neli avuke neli.”

30Waphendula uSawule wathi: “Ewe kambe, ndonile. Kodwa ke wena bonakalisa imbeko kum phambi kwezithwala-ndwe zamajoni am nangaphambi kwamaSirayeli. Ndikhaphe ndiye kuqubuda kuNdikhoyo uThixo wakho.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

31Wamkhapha ke uSamweli, waza uSawule waqubuda kuNdikhoyo.

32USamweli wathi: “Zisani uAgagi ukumkani wama-Amaleki apha kum.”
Wasiwa uAgagi kuSamweli, ehamba eziva ekhululekile emoyeni, esithi: “Hayi
noko, ixhala elikrakra lokufa ligqithile.”

33Suka uSamweli wavakala esithi: “Ikrele lakho lishiye abazalikazi abaninzi
bengenabantwana, nowakho ke ngoku unyoko uza kungabi namntwana.”
Watsho emhlahla loo Agagi apho ngaphambi kukaNdikhoyo eGiligali.

34Emva koko uSamweli wabuyela eRama, waza yena ukumkani uSawule
waya kowabo eGibheya.

35USamweli akazange abuye ambone ukumkani emva koko. Kambe ke
wasoloko engcungcutheka ngenxa kaSawule. UNdikhoyo kaloku wayezisola
ngokwenza kwakhe uSawule ukumkani.

1 Kasamweli 16

UDavide wenziwa ukumkani

1 UNdikhoyo wathi kuSamweli: “Koda kube nini uzingcungcuthekisa ngenxa
kaSawule? Ndimkhiqile ekulawuleni amaSirayeli. Zalisa iqhaga lakho
ngamafutha omnquma, uye eBhetelehem kwaJese, kuba ndityumbe omnye
koonyana bakhe ukuba abe ngukumkani wamaSirayeli.”

2Ubuze wenjenje uSamweli: “Ndingathini ukuya? Angandibulala uSawule
ukuyiva kwakhe loo nto!” UNdikhoyo uthe kuSamweli: “Uze uqhube ithokazi
lenkomo, uthi uye kwenza idini apho.

3Uze ufike umeme uJese eze kwelo dini. Mna ke ndokuxelela into
omawuyenze, ndikubonise nomntu omawumthambise abe ngukumkani.”

4USamweli wenjenjeya ukusinga eBhetelehem, ethunywe nguNdikhoyo.
Wahlangatyezwa ngamadoda amakhulu edolophu, egubha kukoyika. Ambuza
esithi: “Ngaba uze ngoxolo?”

5Uthe ukuphendula uSamweli: “Kunjalo kanye; ndize ngoxolo. Ndize
kwenzela uNdikhoyo idini. Zihlambululeni, nize nani, sinyuse idini.” Waza

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

uJese noonyana bakhe wabahlambulula, wabamema nabo ukuba beze edinini.

6Bakuba bezile edinini apho, wathi uSamweli akubona uEliyabhi unyana kaJese, wathetha yedwa esithi: “Inene, nanku umthanjiswa kaNdikhoyo emi phambi kwakhe.”

7Kodwa uNdikhoyo wathi kuSamweli: “Musa ukujonga ubunzwana bakhe nesithomo sakhe. Asinguye endimfunayo. Kaloku mna Ndikhoyo andijongi okujongwa ngabantu. Abantu bakhangela umfaneleko; mna Ndikhoyo ndikhangela ngaphakathi entliziyweni.”

8UJese ubize omnye unyana wakhe, uAbhinadabhi, wamgqithisa phambi koSamweli. USamweli wathi: “Hayi bo, nalo akafunwa nguNdikhoyo!”

9Kugqithiswe uShama, wathi uSamweli: “Naye lo akafunwa nguNdikhoyo.”

10Bada bosixhenxe oonyana bakaJese bagqithiswa phambi koSamweli, yena emana esithi: “Hayi, akatyunjwanga nguNdikhoyo.”

11USamweli ubuzile kuJese: “Akunanyana bambi na?” Uthe uJese: “Ewe, ukho untondo; phofu usendle; walusa iigusha.” USamweli wathi: “Makaye kubizwa.” Watsho esithi: “Asizi kutya ade afike.”

12Ke uJese wathumela, waza waphuthunywa. Ebusweni ebekhangeleka esegazini, enamehlo abukhali, eyinzwana yomfo. UNdikhoyo ke wathi kuSamweli: “Nguye ke lowo, mthambise!”

13Wathatha elo qhaga lamafutha omnquma wayeliphethe uSamweli, wathambisa ngawo uDavide, abakhuluwa bakhe bejongile. Ukusukela ngaloo mini uDavide wangenwa ngamandla nguMoya kaNdikhoyo. Emva koko ke uSamweli yena wabuyela eRama.

UDavide usebhotwe kwaSawule

14Ke kaloku uSawule washiywa nguMoya kaNdikhoyo, waza waphathwa ngumoya okhohlakeleyo, uvunyelwe nguNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

15Izicaka zakhe zathi kuye: “Uyabona, umoya ongalunganga ovunyelwe
nguThixo uyakuthuthumbisa.

16Ke, mhlekazi, yithi masikufunele umntu okwaziyo ukubetha uhadi; kuze
kuthi xa ufikelwa ngulo moya mbi akudlalele uhadi, ubuye udlamke.”

17Wathi uSawule: “Mfuneni loo mntu udlala kakuhle, nize naye kum.”

18Sathi esinye isicaka: “UJese waseBhetelehem unonyana oyincutshe
yengoma. Kanti ukwaligorha lomfana oziqhelileyo iimfazwe. Uliciko
lokuthetha, ekwayinzwana, kwaye uNdikhoyo unaye.”

19USawule wathumela izigidimi eBhetelehem kuJese, wathi: “Ndithumele
unyana wakho uDavide owalusa iigusha.”

20UJese ke wamthumela uDavide kwaSawule, eqhuba itakane lebhokhwe,
kunye nedonki ekulayishwe kuyo izonka nemvaba yewayini.

21Waya kufika kwaSawule uDavide, waba sisicaka apho. Wathandwa kakhulu
nguSawule uDavide, wada wenziwa umfana wokuphatha izikrweqe
zikakumkani.

22Ke kaloku uSawule wathumela umyalezo kuJese othi: “Ndiyakholwa
nguDavide. Selumyeka asebenze apha komkhulu.”

23Ke uDavide waba soloko ethatha uhadi adlalele uSawule ingoma ngalo
lonke ixesha afikelwa nguloo moya mbi uvunyelwe nguThixo, afumane
isiqabu, adlamke uSawule, angabi sakhathazwa nguloo moya.

1 Kasamweli 17

UGoliyati ucel' umngeni kumaSirayeli

1Laxubayela, amabutho amaFilistiya aqokelelana eSoko, idolophu
eyayikwaJuda. Ikampu yawo ayimisa kwindawo ekuthiwa yiEfese-damin,
phakathi kweSoko neAzeka.

2USawule namajoni amaSirayeli aya kudibanela entlanjeni ekuthiwa yeyom-
oki, ayimisa apho eyawo ikampu, ema ngokwezintlu zawo, alungela idabi
namaFilistiya.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

3AmaFilistiya ema endulini, amaSirayeli ema kwenye, kukho intlambo phakathi kwemikhosi yawo.

4Kwavela umfo othile oyintshatsheli ogama linguGoliyati, wedolophu yaseGati, esuka kwikampu yamaFilistiya. Wayephantse ukuba ziimitha ezintathu ubude,

5egaxele isikhuselo esenziwe ngobhedu, esasimalunga namashumi amahlanu eekhilogram ubunzima, ethwele umnqwazi wobhedu.

6Imilenze nayo yayikwakhuselwe ngobhedu, exwaye intshuntshe yobhedu.

7Umkhonto wawungangesibonda, ubutsolo bawo obenziwe ngentsimbi bumalunga nesixhenxe seekhilogram ubunzima. Wayenomfo othwala ikhaka lakhe ehamba ngaphambi kwakhe.

8UGoliyati wema bhuxe, wakhwaza ebhekisa kwizintlu zamaSirayeli, wathi: “Wa, zicakandini zikaSawule, nenzani apho? Makuliwe! NdingumFilistiya mna; mayiphume ngapha ibe nye, sigagane.

9Ukuba indoyisile yandibulala, soba zizicaka zenu thina. Xa indim owoyisileyo, nina noba zizicaka zethu.

10Ndim lo, ndinibeka ehlazweni, maSirayeli. Khuphani indoda ibe nye, sihlangane!”

11Boyika, bagubha ooSawule namadoda omkhosi wakhe, bakuyiva into ethethwa nguloo mFilistiya.

UDavide uya emkhosini kaSawule

12UDavide wayengunyana kaJese umEfrata waseBhetelehem kwaJuda. UJese wayenoonyana abasibhozo. Wayeselemdala kakhulu ngexesha ekwakulawula uSawule.

13Oonyana bakhe abakhulu abathathu baya emfazweni kunye nomkhosi kaSawule. Omkhulu yayinguEliyabhi, kuze uAbhinadabhi, kulandele uShama.

14UDavide yena wayenguntondo. Lo gama abakhuluwa bakhe babenoSawule,

© 1996 Bible Society of South Africa.

15yena uDavide wayedla ngokuthi ekwaSawule abe emana egoduka aye
eBhetelehem, esiya kwalusa iigusha zikayise.

16Yaba ngamashumi amane eentsuku uGoliyati mihla le ecela umngeni
kumaSirayeli kusasa nangokuhlwa.

17UJese wathuma unyana wakhe uDavide, wathi: “Hamba nale ngqolowa
igcadiweyo, ishumi leekhilogram, neli shumi lezonka, ukhawuleze uzise
kubantakwenu emkhosini,

18uphathele umphathi-butho nala maqebengwana alishumi etshizi, usivele
ukuba basaphila na abantakwenu. Uze ube nento oza nayo, eyoba
bubungqina bokuba basaphila.

19Ukumkani Sawule nabantakwenu, kunye nomkhosi wonke wamaSirayeli,
nabaya kulaa ntili yom-oki, besilwa namaFilistiya.”

20Wavuka ekuseni uDavide ngengomso, wayishiya nomnye umalusi impahla.
Waya kulanda ukutya awayekuthunyiwe nguJese uyise, wanduluka. Ufike
ekampini yomkhosi xa kanye amaSirayeli alungiselela idabi, ehlaba intlaba-
mkhosi yawo.

21AmaSirayeli namaFilistiya amisa izintlu, agolozelana.

22Oko kutya wayekuphethe uDavide wakushiya kumgcini-mithwalo,
wagqotsa ukuya apho kuza kuliwa khona. Akufika wabulisa abantakwabo.

23Esathetha nabo njalo, wavakala umFilistiya uGoliyati intshatsheli yaseGati,
ephinda esezolo, ewahlazisa amaSirayeli. Wayiva loo nto ke uDavide.

24Ahlehla amaSirayeli akubona uGoliyati, agubha luloyiko.

25AmaSirayeli avakala esithi: “Yoo! Nimbonile laa mfo? Niyivile into
ayithethayo? Akasidelanga na? Ukumkani uSawule uthe indoda embuleleyo
uya kuyinika omkhulu wona umvuzo. Nangaphezu koko uya kumtshatisa
nentombi kakumkani, ungàrhafiswa nomzi kayise.”

26UDavide wabuzisa kumadoda awayemi ngakuye, wathi: “Nithi uya
kwenzelwa ntoni umntu obulele laa mFilistiya, awakhuphe kweli hlazo

© 1996 Bible Society of South Africa.

amaSirayeli? Ingubani kakade yona laa ntlanga ingalukanga yomFilistiya idela umkhosi kaThixo ophilayo?”

27Bamxelela yonke into eya kwenzelwa umntu onokuthi abulale uGoliyati.

28Umkhuluwa kaDavide uEliyabhi wamvela uDavide ethetha naloo madoda. Wacaphuka, wathi kuDavide: “Uzokwenza ntoni apha, kwedini? Laluswa ngubani na elaa gcuntswana leegusha entlango ulapha nje? Ntondini inekratshi ikhohlakeleyo, uzele nje ukuza kubukela idabi wena!”

29“Kowu! Sendenze ntoni ngoku? Uthetha ukuba andinakuba sabuza nokubuza oku?” kutsho uDavide.

30Watsho eguqukela komnye umfo, ebuza kwaloo mbuzo mnye. Ufumene kwaloo mpendulo ikwafanayo.

UDavide woyisa uGoliyati

31Yeviwa intetho kaDavide, yasiwa kuSawule. Yena wathi makabizwe uDavide.

32Wafika wathi uDavide kuSawule: “Mhlekazi, makungabikho bani unkwantyayo ngenxa yalaa mFilistiya! Mna mkhonzi wakho ndiza kuya kulwa naye.”

33Waphendula uSawule wathi: “Ayingangawe into yokuya kulwa nalaa mFilistiya. Ùselula, kanti yena uqhelene nokulwa kwasebutsheni bakhe.”

34“Mhlekazi,” kutsho uDavide, “ndim owalusa iigusha zikabawo. Xa kuthe kwakho ingonyama okanye ibhere exhwila itakane emhlambini,

35kusuka mna ndiyilandele ndiyihlasele, ndilihlangule elo takane. Xa ithe loo ngonyama okanye loo bhere yajika yalwa nam, ndisuka ndiyithi nqaku ngoqhoqhoqho, ndiyibethe ife.

36Ndiqhele ukubulala oozingonyama noomabhere; nale ntlanga ingolukanga yomFilistiya idela umkhosi kaNdikhoyo ndiza kuyibulala.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

37UNdikhoyo owandisindisayo koozingonyama noomabhere nangoku uza kundisindisa kulo mFilistiya.” “Kulungile ke, yiya, mfo wam; ubenga uNdikhoyo anganawe,” watsho uSawule.

38Watsho enika uDavide ezakhe izikhuselo, wamthwesa umnqwazi wobhedu, wamfaka nesikhuselo somzimba.

39UDavide waxwaya ikrele likaSawule, waza wanga angahamba, suka akaba nako, kuba wayengaziqhelanga ezi zixhobo. Ubhekise kuSawule wathi: “Andikwazi ukuhamba ndinxibe ezi zinto; kaloku andiziqhelanga.” Watsho wazikhulula zonke.

40Wathatha intonga yakhe, wachola amatye ampuluswa amahlanu apho entlanjeni, wawafaka engxoweni yakhe yokwalusa. Warhola inkwitshi yakhe, wahamba ukuya kugagana nomFilistiya lowo.

41Yena umFilistiya wanyantsula esondela ngakuDavide, umphathi-khaka wakhe ehamba ngaphambi kwakhe.

42UmFilistiya akumbona uDavide wamdela, kuba kaloku uDavide wayeselula, eyinzwana, ebusweni ekhangeleka esegazini.

43Uvakele esithi kuDavide: “Uza kwenzani ngezo ntonga? Uba ndiyinja?” Watsho etyibela uDavide ngeziqalekiso zoothixo bakhe.

44“Sondela, loo mzinjana wakho ndiwuphose kumaxhalanga namarhamncwa,” waqokela watsho.

45Uthe yena uDavide kumFilistiya lowo: “Uza kum uphethe ikrele, umkhonto, nentshuntshe, wena; kodwa mna ndiza kuwe egameni likaNdikhoyo onamandla onke, uThixo womkhosi wakwaSirayeli, lo wena uwudelileyo.

46Namhla oku uNdikhoyo uza kukunikela kum. Ndiza kukuwisa, ndikunqumle intloko. Izidumbu zomkhosi wamaFilistiya zona ndoziphosa kumaxhalanga namarhamncwa, lonke elimiweyo likwazi ukuba uSirayeli unoThixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

47Sonke esi sihlwele esihlangene apha soqonda ukuba uNdikhoyo akadingi
makrele namikhonto ukusindisa abantu bakhe. Nguye olilawulayo idabi, yaye
nonke uza kuninikela ezandleni zethu.”

48Waya esondela kuDavide umFilistiya lowo, ezimisele ukumhlasela, waza
uDavide wasukela ukumhlangabeza ekulweni.

49Wafaka isandla engxoweni yakhe, warhola ilitye lalinye, wajolisa
ngenkwitshi kuGoliyati. Wamchana ebunzi, latsho latshona ilitye. Waya kuwa
ngobuso emhlabeni uGoliyati.

50Waba ke uDavide uyamongamela uGoliyati, wamoyisa engaphethe krele,
wambulala ngenkwitshi nelitye!

51Wasukela waya kutsho phezu kukaGoliyati. Wafika walithi rhutyu
esingxotyeni salo ikrele likaGoliyati, wamnqumla intloko ngalo, emgqibezela.
Acela kwabasicatyana amaFilistiya, akubona ukuwa kwegorha lawo.

52Amadoda akwaSirayeli nawakwaJuda wona ahlaba umkhosi, awasukela
amaFilistiya, ada aya kutsho ekungeneni eGati nasemasangweni e-Ekron.
Kwakuthe waca ngamaFilistiya aziingxwelerha konke endleleni eya
eSharayim kuse eGati nase-Ekron.

53Ukubuya kwawo ekusukeleni amaFilistiya, amaSirayeli aya kuthatha
amaxhoba kwikampu yomkhosi wamaFilistiya.

54UDavide yena wathatha intloko kaGoliyati, waya nayo eJerusalem, zona
izikrweqe zikaGoliyati wazigcina ententeni yakhe.

UDavide usiwa kuSawule

55USawule akubona uDavide esiya kulwa noGoliyati wabuza kuAbhinere
umphathi-mkhosi, wathi: “Yinto kabani laa ntwana?” UAbhinere wathi:
“Mhlekazi, inene, andinalwazi konke.”

56Wathi uSawule: “Hamba ubuzisa kaloku, siqonde ukuba ungunyana kabani
laa mfana.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

57Uthe ke akubuyela ekampini uDavide, emva kokuba ebulele uGoliyati,
uAbhinere wamsa kuSawule. Wayesaphethe loo ntloko kaGoliyati uDavide.

58USawule wambuza wathi: “Uyinto kabani, mfo wam?” Wathi uDavide:
“Ndingunyana wesicaka sakho uJese waseBhetelehem.”

1 Kasamweli 18

UDavide noJonatan

1Bayigqiba incoko yabo ooSawule noDavide. Intliziyo yonyana kaSawule,
uJonatan, yaphakelana kanobom nekaDavide, wamthanda ngale ndlela
azithanda ngayo yena.

2Kususela loo mini uSawule akazange amvumele agoduke uDavide.

3UJonatan wanqophisana noDavide, kuba wayemthanda ngale ndlela
awazithanda ngayo yena.

4Wakhulula umnweba awayewambethe uJonatan, wawunika uDavide, kunye
nesinxibo sakhe sobujoni, nekrele lakhe, nesaphetha, nebhanti yakhe.

5UDavide wayephumelela kuyo yonke imicimbi athunywa yona nguSawule,
waza ke uSawule wamnyusela wamenza umphathi emkhosini wakhe. Eso
senzo sabakholisa bonke abantu kunye namagosa omkhosi kaSawule.

USawule umonela uDavide

6Ukubuya kukaDavide kunye nomkhosi emfazweni, emva kokuba wayebulele
uGoliyati, baphuma bonke abafazi beedolophu zakwaSirayeli, beze
kuhlangabeza ukumkani uSawule. Babesombela, bengqungqa, bebetha
iintambula neekatala.

7Babevuma bengqungqa besithi: “Wabulal' amawaka uSawule; yen' uDavide
uwise amawaka ngamawaka alishumi.”

8USawule akazange ayithande loo nto, wacaphuka gqitha. Wavakala esithi:
“UDavide bambalela amashumi ngamashumi amawaka, kodwa mna
bandibalela amawaka ngamawaka nje. Selibubukumkani nje into angekabi
nayo!”

© 1996 Bible Society of South Africa.

9Waba nomona ke uSawule, wasoloko embeke esweni uDavide ukususela loo mini.

10Ngengomso uSawule waphathwa ngumoya okhohlakeleyo ovunyelwe nguThixo, wamtsho waliphambana kuloo ndlu yakhe. Wayebetha uhadi uDavide ngokwesiqhelo, uSawule yena ephethe umkhonto.

11“Ndingambethelela koluya ludonga ngalo mkhonto lo Davide,” uzitsholo uSawule. Waba selemjula uDavide ngawo, kodwa yena wawuphepha zozibini izihlandlo uDavide.

12USawule wamoyika uDavide, kuba uNdikhoyo wayenaye, emfulathele uSawule.

13USawule wamshenxisa uDavide kuye, wamenza umphathi wewaka lamadoda omkhosi. Wayewakhokela emadabini loo madoda,

14aphumelele uDavide kuyo yonke imisebenzi ayiphathayo, kuba kaloku uNdikhoyo wayenaye.

15USawule wamoyika ngakumbi ke uDavide akubona impumelelo yakhe.

16Wonke ubani kwaSirayeli nakwaJuda wayemthanda uDavide, kuba wayeyinkokheli emadabini.

UDavide utshata nentombi kaSawule

17USawule wabiza uDavide, wathi kuye: “Nanku uMerabhi, intombi yam enkulu. Ndiya kumendisela kuwe. Wena ke uzundikhonze ngobugorha, ulwe amadabi kaNdikhoyo.” USawule wayesithi: “Andizukumsa sandla mna ngokwam; mayibe ngamaFilistiya.”

18UDavide waphendula wathi: “Bendingubani na mna, nabakowethu bayintoni na bona, nditsho kwaumzi kabawo uyintoni na kwaSirayeli, khon' ukuze ndibe ngumkhwenyana kakumkani?”

19Kodwa lathi lakufika ixesha lokwendela kukaMerabhi kuDavide, suka wendiselwa komnye umfo owayegama linguAdriyeli waseMehola.

© 1996 Bible Society of South Africa.

20UMikali, enye intombi kaSawule, wamthanda uDavide, waza noSawule
wathakazela akuyiva loo nto.

21Wacamanga wathi: “Heke! UMikali ndiza kumendisela kuDavide. Ndiza
kumbambisa ngaye uDavide lo, aze abulawe ngamaFilistiya.” Ke uSawule
wathi kuDavide: “Nali ithuba lakho lesibini lokuba ngumkhwenyana wam.”

22Wathuma amaphakathi akhe uSawule, esithi: “Thethani noDavide bucala,
nithi: ‘Ukumkani ukholisekile nguwe, yaye onke amagosa kakumkani
ayakuthanda. Ngoko ke yiba ngumkhwenyana kakumkani.’ ”

23Amaphakathi ke awathetha loo mazwi kuDavide. Yena wenjenje
ukuphendula: “Nicinga ukuba kuyinto elula na ukuba ngumkhwenyana
kakumkani? Kaloku mna ndilihlwempu elingaziwayo.”

24Amaphakathi kaSawule aya kumxelela okwathethwa nguDavide.

25USawule wathi: “Yitshoni kuDavide ukuthi: ‘Kuphela kwakhazi alifunayo
kuwe ukumkani ngamajwabu amaFilistiya alikhulu awe edabini. Ufuna
ukuziphindezela ngolo hlobo kwiintshaba zakhe.’ ” Kaloku yayilicebo
likaSawule lokubulala uDavide ngesandla samaFilistiya.

26Ayixela le nto amaphakathi kaSawule kuDavide, yalunga loo nto kuye
ukuba abe ngumkhwenyana kakumkani. UDavide akaphozisanga maseko,

27waphuma namadoda omkhosi wakhe, wabulala amakhulu amabini
amaFilistiya. Waya nezo nyama zazisikwe kuwo, wazinika ukumkani zonke,
ukuze abe ngumkhwenyana kakumkani. Waza ke uSawule wendisela uMikali
intombi yakhe kuDavide.

28Waqonda kakuhle ngoku uSawule ukuba uNdikhoyo ukunye noDavide.
Nayo intombi yakhe uMikali yayimthanda uDavide.

29USawule wamoyika ngakumbi uDavide, waba lutshaba kuye bonke ubomi
bakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

30Iinkokheli zamaFilistiya zazimana ukuwahlasela amaSirayeli. Kuwo onke loo madabi uDavide wayetshatshela ukudlula zonke ezinye iinkokheli eziphantsi koSawule. Ngenxa yaloo nto ke igama likaDavide laba nodumo.

1 Kasamweli 19

Ukuthiywa kukaDavide nguSawule

1Ke kaloku uSawule waxelela unyana wakhe uJonatan kunye namaphakathi akhe ukuba uDavide makabulawe. Phofu uJonatan wayevana kakhulu noDavide.

2Usuke ke uJonatan waya kuchazela uDavide, esithi: “Ubawo uzama indlela yokukubulala; uze ulumke ke ngomso kusasa. Uze uye kufuna indawo yokuzimela, uhlale apho.

3Mna ndiza kuya nobawo apho endle, ndifike ndime naye kuloo ndawo uzimele kuyo, ndithethe ngawe kuye. Ukuba ndive nto yimbi, ndobe ndikwazise.”

4UJonatan wathetha ngoDavide kuSawule, emncoma esithi: “Mhlekazi, noko ngewungamenzi nto imbi umkhonzi wakho uDavide; akukho nto wakha wakona ngayo. Usuke waba luncedo kakhulu kuwe ngayo yonke into ayenzileyo.

5Nangamhla wabulala uGoliyati obakhe ubomi wabubeka esichengeni, waza uNdikhoyo wawanika uloyiso olukhulu amaSirayeli. Yaye nawe wavuya kakhulu ukuyibona le nto. Yini na ukuba wone umntu ongenatyala, umbulale uDavide kungekho sizathu?”

6Yavakala le ntetho kaJonatan kuSawule, watsho wafunga wathi: “Ekho nje uNdikhoyo, akayi kubulawa uDavide.”

7Emva koko ke uJonatan wambiza uDavide, wamchazela ngengxoxo yakhe noyise. Ukusuka apho waya naye kuSawule, waza ke uDavide wabuyiselwa kwasesikhundleni sakhe komkhulu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Kwabuya kwavuka imfazwe kwakhona phakathi kwamaSirayeli namaFilistiya. Wabuya wawahlasela uDavide, wawabetha ee qhu saa.

9USawule wafikelwa ngumoya ombi ovunyelwe nguNdikhoyo. Ngaloo mini wayehleli engqendevile ebhotwe, ephethe umkhonto, edlalelwa ihapu nguDavide.

10Wawujula umkhonto uSawule, efuna ukubethelela ngawo uDavide eludongeni. Suka waphepha yena uDavide, umkhonto wona watshona lé eludongeni apho.

11Ngobo busuku waphuncuka wabaleka uDavide. USawule wathumela amadoda ukuba aye kungqinga indlu kaDavide, ukuze ambulale kwakusa. UMikali walumkisa umyeni wakhe uDavide, wathi: “Ukuba akubaleki umke apha ngobu busuku, ngomso woba ngofileyo!”

12Watsho wamkhupha ngefestile, wabaleka wasaba uDavide.

13UMikali uthathe umlonde-khaya, wawubeka emandlalweni, wawuqamelisa ngomqamelo woboya bebhokhwe, waza wawambathisa.

14USawule uthume amadoda ukuba ambambe uDavide, uMikali wathi kuwo: “Akaphilanga.”

15USawule wathi makaye azibonele ngokwawo uDavide. Watsho esithi: “Ze nimthwale ngaloo mandlalo wakhe, nize naye apha, ndimbulale.”

16Bafika bangena endlwini abo bafo, bafika kukho umlonde-khaya kuloo mandlalo, uqamele ngomqamelo woboya bebhokhwe.

17Wabuza intombi yakhe uMikali uSawule esithi: “Yini na ukuba wenjenje ukundikhohlisa? Uyabona, ulubalekisile utshaba lwam lwasinda!” UMikali uphendule wathi: “Úthe kum: ‘Ndiyeke ndimke! Yini na ukuba ndikubulale?’ ”

18UDavide wabalekela kuSamweli eRama, wamchazela ngazo zonke izinto uSawule amenze zona. Banduluka apho uSamweli kunye noDavide, baya kuhlala eNayoti.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Uthe uSawule akuva ukuba uDavide uhlala eNayoti eRama,

20wathumela amadoda, efuna ukumbamba. Abona iqela labashumayeli lihamba lishumayela, likhokelwe nguSamweli. UMoya kaThixo wawafikela loo madoda awayethunywe nguSawule, nawo angenelela ahamba nabashumayeli.

21Uthe akuyiva loo nto wathumela amanye amadoda, aza nawo angenelela. USawule uthumele izigidimi isihlandlo sesithathu, kwehla esezolo nakwezi.

22Usuke yena siqu uSawule wenjenjeya ukusinga eRama. Uthe akufika kwiqula elikhulu laseSeku, wabuzisa apho esithi: “Baphi uSamweli noDavide?” Uxelelwe kwathiwa: “BaseNayoti eRama.”

23Uthe esendleleni eya apho, naye wafikelwa nguMoya kaThixo, waza wahamba eshumayela yonke loo ndlela isinga eNayoti.

24Wafika wakhulula izambatho zakhe, washumayela njalo apho ekho uSamweli. Walala ze loo mini nobusuku bayo. Savela ngolo hlobo ke nesaci esithi: “NoSawule lo kanti selewaba ngumshumayeli naye?”

1 Kasamweli 20

UJonatan ucengela uDavide kuSawule

1Emva koko uDavide wasaba eNayoti eRama, wabalekela kuJonatan. Ufike wabuza wathi: “Ngaba yintoni le ndenze yona kukumkani? Ndenze tyala lini? Ndimone ngani na uyihlo le nto afun' ukundibulala?”

2UJonatan wenjenje ukuphendula uDavide: “Soze ubulawe! Uyazi ukuba akukho nto akhe ayenze ubawo, nokuba inkulu, nokuba incinane, engandityandelanga igila. Ubengathini ke ukungandixeleli into enjengale uyithethayo? Hayi, akukho nto injalo.”

3Wafunga uDavide, wathi: “Kaloku uyihlo uyazi kakuhle ukuba undithanda kakhulu, waza ke wayifihla le nto kuwe yokuceba ukundibulala, esithi: ‘UJonatan makangakwazi oku, kuba woba buhlungu.’ Kodwa ndithi kuwe, ekho nje uNdikhoyo, nawe ukho nje, lona ingcwaba sendilikrobile!”

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Kwesi sithuba ke uJonatan uthe kuDavide: “Yitsho ndikwenzele nantoni na oyifunayo.”

5Wenjenje ke ukuphendula uDavide: “Ngomso oku ngumsitho wokuthwasa kwenyanga, yaye ke kufuneka ndibekho esidlweni sikakumkani. Nceda undikhulule ndiye kuzimela endle kude kube ngokuhlwa kwangomsomnye.

6Xa uyihlo ephawula ukuba andikho, uze uthi kuye: ‘UDavide undibongozile ukumvumela khe athi tsi kowabo eBhetelehem, abekho xa kusenziwa idini lonyaka elenzelwa onke amawabo.’

7Ukuba uthe kulungile, úya kuba enoxolo ngakum. Kodwa ukuba uthe wacaphuka, uze wazi ukuba uzimisele ukundenzakalisa.

8Uze uncede ke uwugcine umnqophiso owandenzela wona phambi koNdikhoyo, usenzele ububele isicaka sakho. Kodwa ukuba ngenene ndinetyala, ndibulale ngokwakho; akukho nto ithi mandisiwe kuyihlo.”

9“Unotshe!” kutsho uJonatan. “Ucinga ukuba ngendingakuxelelanga na xa bendisazi ukuba ubawo uzimisele ukukwenzakalisa?”

10“Ngubani kakade owondazisa xa uyihlo ekuphendule kalukhuni?” wabuza uDavide.

11“Makhe siye ngasendle,” kutsho uJonatan. Bahamba ke kunye,

12waza uJonatan wathi kuDavide: “Ekho nje uNdikhoyo uThixo kaSirayeli, ngeli xesha ngomsomnye ndakuba sendiyiphandile le nto kubawo. Ndokwazisa xa ndimfumene engenandawo ngakuwe.

13Kanti ke ukuba uzimisele ukukwenzakalisa, ndize mna ndingakuxeleli khon' ukuze ubaleke, aze andohlwaye mna lo uNdikhoyo. UNdikhoyo makabe nawe kanye njengoko wayenobawo!

14Ukuba mna ndisaphila, uze uthembeke kum oku kukaNdikhoyo, kodwa xa ndithe ndafa,

15uze uhlale unaloo ntembeko kusapho lwam ngalo lonke ixesha, naxa uNdikhoyo selezitshabalalisile iintshaba zakho kulo lonke ihlabathi.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

16UJonatan wanqophisana nomzi kaDavide, esithi: “Maze uNdikhoyo aziphindezele kwiintshaba zikaDavide.”

17UJonatan wabuya wamfungisa uDavide ukuba amthande, kuba yena wayemthanda uDavide ngomphefumlo wakhe wonke.

18Uqhube wathi uJonatan: “Ngomso sisidlo sokuthwasa kwenyanga, yaye kuza kubonakala ukuba akukho. Kaloku indawo yakho iya kuba ingenamntu.

19Ngomsomnye koba sobala nje ukuba akukho ethekweni. Hamba uye kuzimela kulaa ndawo wawuzimele kuyo, ufike uzifihle ngakwilitye le-Ezeli.

20Mna ke ndodubula apho ngakulo ngeentolo zibe ntathu, ndibe ngathi ndizijolise entweni.

21Emva koko ke ndothuma isicaka ukuba siye kuzikhangela. Xa ndithi kwisicaka: ‘Nazi iintolo nganeno kwakho, yiza nazo;’ uze uqonde ukuba akukho ngozi, uphume ubuye.

22Kodwa xa ndithe: ‘Nazo ngaphaya kwakho iintolo;’ uze usuke umke, kuba uNdikhoyo woba esithi: ‘Hamba!’

23Uze ukhumbule ukuba uNdikhoyo ulingqina phakathi kwethu ngomnqophiso esiwenzileyo.”

24Wahamba ke uDavide, waya kuzimela endle. Ngomhla womsitho wokuthwasa kwenyanga ukumkani uSawule

25wahlala endaweni yakhe ethekweni ngaseludongeni. Ecaleni kwakhe kwahlala uAbhinere, waza uJonatan wahlala ejongene nokumkani. Yayingenamntu indawo kaDavide,

26kodwa uSawule akazange athethe nto loo mini, kuba wacinga esithi: “Ngahle kukho nto imvaleleyo uDavide, emenze waba ngongahlambulukanga – inene unomlaza.”

27Ngengomso olandela itheko lokuthwasa kwenyanga ayibanga namntu kwakhona indawo kaDavide, waza uSawule wabuza kuJonatan wathi: “Kutheni engezanga esidlweni izolo nanamhla unyana kaJese?”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

28UJonatan uphendule ngelithi: “Undicengile ukuba ndimvumele ahambe aye
eBhetelehem.

29Uthe: ‘Nceda undikhulule, kuba kowethu eBhetelehem kuza kubakho idini,
waye ke nomkhuluwa wam undiyalele ukuba ndibekho nakanjani. Ukuba
ungumhlobo wam, ndikhulule ndikhe nditsibe ekhaya, ndibone amawethu.’
Yiyo ke loo nto umbona engekho nje endaweni yakhe apha etafileni
kakumkani.”

30Wavutha ngumsindo uSawule akuyiva le ntetho kaJonatan, wathi: “Yini le,
gqubushandini lomvukeli! Uba andikuqondi ukuba ukhetha icala likaDavide
unyana kaJese? Phofu uzihlaza wena kunye naloo nyoko wakuzalayo.

31Wena kunye nobukumkani bakho akusoze uzinze esaphila unyana kaJese.
Yiza naye apha ke ngoku – ndimfuna efile!”

32UJonatan ubuze kuyise wenjenje: “Uza kubulawelwa ntoni? Wenze tyala
lini?”

33Kweso sithuba uSawule wajula umkhonto, efuna ukumbulala uJonatan.
Waqonda mhlophe ke uJonatan ukuba uyise uzimisele mpela ukumcim'
igama uDavide.

34Wemka kuloo tafile efutha ngumsindo uJonatan. Akasa nasuntswana eli
emlonyeni ngaloo mini yesibini yetheko. Wayebuhlungu yindlela ekrwada
uyise amphathe ngayo uDavide.

35Ngengomso uJonatan waya endle kuDavide ngokwesigqibo sabo.
Wayehamba nenkwenkwana,

36wathi kuyo: “Baleka ulande iintolo zam ndakuzidubula.” Yabaleka
ngaphambili loo nkwenkwe, uJonatan wadubula utolo lwaya kuwa ngaphaya
kwayo.

37Ithe yakufika ngakuloo ndawo beluwe kuyo utolo loo nkwenkwe,
wayikhwaza uJonatan, esithi: “Kwedini, utolo naluya ngaphaya kwakho!

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

38Umele ntoni apho! Baleka!” Yaluchola olo tolo inkwenkwe, yalusa kwinkosi yayo,

39ingazi yona ukuba kwakuqhubeka ntoni na. Loo nto yayisaziwa nguJonatan noDavide kuphela.

40Wayinika izikrweqe zakhe uJonatan loo nkwenkwe, wathi mayigoduke nazo.

41Yakuba imkile, uDavide waphuma kuloo ndawo wayezimele kuyo, wathi guqaqa ngamadolo, ekhahlela, ubuso bude buye kutsho emhlabeni izihlandlo zade zaba zithathu. Bangana bobabini belilelana, uDavide elila ngokugqithisileyo.

42Kwesi sithuba uJonatan uthe kuDavide: “Hamba ngoxolo, mfondini, kuba thina sobabini sifungile egameni likaNdikhoyo. Ngoko ke uNdikhoyo ulingqina phakathi kwam nawe, naphakathi kwenzala yam neyakho.” UDavide ke wemka, waza yena uJonatan wabuyela edolophini.

1 Kasamweli 21

UDavide ubalekela eNobhi kwa-Ahimeleki

1Ukusuka apho uDavide waya kwambingeleli uAhimeleki eNobhi.Wamhlangabeza uAhimeleki esoyika, wambuza esithi: “Kutheni uhamba wedwa nje? Kutheni kungekho bani ukukhaphayo nje?”

2Uphendule wenjenje uDavide: “Ndize apha ngokuthunywa ngukumkani. Yaye uthe ze ndingaluxeleli mntu udaba andithume lona. Ndithe kumadodana am siya kudibana endaweni ethile.

3Ngaba akunanto ityiwayo apha? Ndiphe izonka noba zihlanu, okanye nantoni ongaba unayo.”

4Uthe umbingeleli: “Akukho sonka siqhelekileyo sikhoyo apha; kuphela kwesonka esikhoyo sesingcwalisiweyo. Phofu ungasifumana xa loo madodana akho engakhange ahlangane nabantu ababhinqileyo kutshanje.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5UDavide wamphendula umbingeleli wathi kuye: “Inene, asidibani nabantu ababhinqileyo xa sihambela umcimbi, nokuba ngongephi, andithethi ke xa kungumcimbi omkhulu njengalo siwuphetheyo.”

6Umbingeleli ke wamnika uDavide eso sonka singcwalisiweyo, kuba kwakungekho sonka simbi ngaphandle kweso sasinikelwe kuNdikhoyo.Sasisesisusiwe esibingelelweni, sekubekwe esitsha.

7UDowegi wase-Edom, induna yabelusi bakaSawule, wayekho apho ngaloo mini, ehlaliswe endlwini kaNdikhoyo.

8UDavide wabuza uAhimeleki wathi: “Akunamkhonto na okanye ikrele apha? Udaba lukakumkani lwalungxamisekile kangangokuba andizange ndifumane thuba lakuthatha sixhobo konke.”

9Wathi umbingeleli: “Likho ikrele apha. LelikaGoliyati, lowa mFilistiya wambulalela kwintlambo yom-oki. Naliya phaya ligqunywe ngesidanga, lithandelwe ngesiziba. Ungalithatha xa ulifuna; kuphela kwesikrweqe esikhoyo apha eso.” Wathi uDavide: “Ndinike lona. Akukho limbi linjengalo.”

UDavide ubalekela eGati kukumkani uAkishe

10Wemka uDavide, ebaleka uSawule, waya eGati kukumkani uAkishe.

11Amaphakathi kakumkani uAkishe abuza kukumkani athi: “UDavide lo asingokumkani na kowabo? Asinguye lo babesombela ngaye abafazi, besithi: ‘USawule ubulele amawaka, kodwa yen' uDavide uwise amawaka ngamawaka alishumi’? ”

12Wakuwazikisa la mazwi uDavide wangenwa kukumoyika ukumkani uAkishe.

13Kwathi ke ngalo lonke ixesha ekufuphi naye, uDavide aziphambanise, enze izinto zobugeza. Wayedla ngokukrwela ezindongeni zesixeko, avuzise izinkcwe zihle ngeendevu.

14Wavakala uAkishe esithi kwiinduna zakhe: “Hayi, le ndoda iphambene! Niyizisela ntoni apha kum?

© 1996 Bible Society of South Africa.

15Ndiswele amageza kakade le nto nindizisela elinye lize kundiphambanela
apha ekhaya?”

1 Kasamweli 22

UDavide uzimela eMowabhi

1Emva koko wemka eGati uDavide, ebalekela kumqolomba
ongaseAdulam. Abantakwabo nendlu yonke kayise baya kugaleleka apho
bakuba bevile ngomkhondo wakhe.

2Kwakudla ngokuya kuye abantu ababandezelekileyo, nabaneengxaki
zamatyala, nabanganelisekanga, waba yinkokheli yabo. Amadoda anaye
ayemalunga namakhulu amane ewonke.

3Wesuka apho uDavide, waya kwelaseMowabhi eMizpa, wabhekisa
kukumkani walapho wenjenje: “Mhlekazi, ubawo nomama ndibacelela
indawo apha kuwe, ndide ndiqonde ukuba uThixo iinjongo zakhe ziyintoni
na ngam.”

4Wabashiya apho ke uyise nonina, baza bahlala khona phantsi kokumkani
waseMowabhi wonke lo gama yena Davide wayezimele enqabeni.

5Emva koko kwafika umshumayeli uGadi kuDavide, wathi: “Musa ukuhlala
kule nqaba. Buyela kwaJuda.” Wemka ke apho uDavide, waya kuhlala
kwihlathi laseHerete.

Ukubulawa kwababingeleli

6Ke uSawule weva ukuba uDavide kunye namadoda akhe babhaqiwe.
USawule wayeseGibheya, echophe phantsi komthi womtamariske, ephethe
umkhonto. Kwakuthe nqwadalala, amaphakathi akhe emngqongile.

7Wathi uSawule kumaphakathi akhe amngqongileyo: “Khanindiphe iindlebe,
mawethu akwaBhenjamin! Nicinga ukuba kanene unyana kaJese uza
kuninika amasimi nezidiliya, animise nonke nibe ngabaphathi bamabutho
namaqela?

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Ngaba yiyo loo nto nonke senindenzela amayelenqe? Yiyo loo nto kungabangakho namnye kuni okhe wandithela thsuphe ngemvumelwano yonyana wam nonyana kaJese? Bekungasekho mntu na undikhathaleleyo kangangokuba andixelele ukuba uDavide, isicaka sam, ndithethanje undilalele, efuna ukundibulala, exhaswa ngunyana wam?”

9UDowegi owayengomnye waloo maphakathi ayengqonge uSawule, wangenelela wenjenje: “Ndambona uDavide eye eNobhi kuAhimeleki unyana ka-Ahitubhi.

10UAhimeleki wabuzela uDavide kuNdikhoyo, waza wamnika umphako nekrele lomFilistiya uGoliyati.”

11Emva koko ukumkani uSawule wathumela ukuba kuye kubizwa uAhimeleki unyana ka-Ahitubhi nezalamane zakhe ezazingababingeleli eNobhi. Bonke ke beza kukumkani.

12Wathi uSawule: “Phulaphula, nyana ka-Ahitubhi!” “Ewe, mhlekazi,” waphendula watsho uAhimeleki.

13Uqhube wathi uSawule: “Liyelenqe lani eli nindenzela lona wena nonyana kaJese? Umnikeleni ukutya, nekrele, wada wambuzela kuThixo, ukuze asuke andilalele njengokuba kunjalo ngoku?”

14Uphendule wenjenje uAhimeleki: “Mhlekazi, kungekho sicaka unaso sithembeke ngaphezu kukaDavide nje? Kaloku uDavide ngumyeni wentombi yakho, engumphathi wabagadi bakho, yaye uhlonitshwa ngumntu wonke wakomkhulu.

15Ndimbuzele kuNdikhoyo, ndaye ndingaqali kwenjenjalo phofu. Nalo mba athetha ngawo umhlekazi andazani nawo mna, nditsho namawethu ephela akazi nto ngawo.”

16Ukumkani uphethe ngelithi: “Umelwe kukufa, wena Ahimeleki, kunye nomzi wonke kayihlo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Watsho ebhekisa kubagadi esithi: “Bulalani ababingeleli bakaNdikhoyo!
Babebhunga noDavide, abandixelela naxa asabileyo, ukanti babeyazi loo
nto.” Bala bona abagadi ukusa isandla kubabingeleli bakaNdikhoyo.

18Wathi ke uSawule kuDowegi: “Bahlasele aba babingeleli!” Waza uDowegi
wabahlasela wababulala bonke. Yayingamashumi asibhozo ababingeleli
ababenelungelo lokuphatha isidanga ababulawa nguDowegi ngaloo mini.

19Wada wabulala bonke abemi baseNobhi, eyayisisixeko sababingeleli. Kwafa
amadoda nabafazi, abantwana neentsana; kwafa zinkomo, zidonki, zigusha,
akwasala nto.

20Kwasinda kuphela uAbhiyatare unyana ka-Ahimeleki, owabalekela
kuDavide.

21Wafika wambalisela ukuba uSawule ubaxabele ababingeleli bakaNdikhoyo.

22Wathi uDavide kuAbhiyatare: “Ndaqonda kakuhle ndakumbona uDowegi
phaya eNobhi ukuba akanakuze angamxeleli uSawule. Ndim obabeke
esichengeni abantu bakuni.

23Seluhlala apha kunye nam, ungaxhali; akukho nto iya kukuthi cha apha.
Lowo uzungula ubomi bakho uzungula nobam.”

1 Kasamweli 23

UDavide uhlangula iKehila

1Zafika kuDavide iindaba ezithi: “AmaFilistiya ayihlasele idolophu iKehila;
aphanga ingqolowa apho ibhulelwa khona.”

2UDavide wabuza kuNdikhoyo wathi: “Mandiwahlasele na amaFilistiya?”
UNdikhoyo wathi: “Yiya kuwahlasela, ubahlangule abantu baseKehila.”

3Amadoda kaDavide wona avakala esithi: “Singathi sihleli sisoyika kakade
apha kwaJuda, sibuye siye kuhlasela umkhosi wamaFilistiya eKehila?”

4Emva koko ke uDavide wabuza kuNdikhoyo kwakhona ukuba angaya
kuwahlasela na amaFilistiya. Waphendula wathi uNdikhoyo: “Wahlasele
amaFilistiya eKehila, kuba ndiza kuwanikela ezandleni zakho.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

5UDavide wanduluka kunye namadoda akhe, baya kuwahlasela amaFilistiya.
Babulala amaFilistiya amaninzi, bathimba nemihlambi yawo. Waba ke
uyihlangule njalo loo dolophu uDavide.

UAbhiyatare ubuzela uDavide kuNdikhoyo

6Ekubalekeleni kwakhe kuDavide eKehila uAbhiyatare unyana ka-Ahimeleki
wafika esiphethe isidanga.

7Zafika kuSawule iindaba zokuba uDavide waya eKehila. Wavakala esithi:
"Unikelwe nguThixo kum uDavide lo. Uzikhonkxile ngokwakhe ngokuya
kungena kwidolophu enamasango atshixwayo."

8Watsho eqokelela umkhosi wakhe wonke uSawule, ukuba aye kuvingcela
uDavide namadoda akhe apho eKehila.

9Zafika kuDavide iindaba zokuba uSawule uceba ukwenza ububi kuye, waza
wathi kuAbhiyatare: "Yiza nesidanga."

10Ubuze kuNdikhoyo ke uDavide wenjenje: "Ndikhoyo, Thixo kaSirayeli,
ndiva kusithiwa ngenene uSawule uzimisele ukuza kuyihlasela ayitshabalalise
iKehila ngenxa yam.

11Ndixelele, mna sicaka sakho, ndiyakubongoza, ngaba angandinikezela
kuSawule amadoda amakhulu alapha? Ngaba ngenene uSawule uza kuza
njengoko amarhe esitsho?" UNdikhoyo waphendula wathi: "Uza kuza."

12"Amadoda amakhulu aseKehila ngaba aza kusinikela kuSawule?" ubuzile
uDavide. "Ewe, aza kuninikela," kutsho uNdikhoyo.

13Wanduluka kwangoko ke eKehila uDavide kunye namadoda akhe amalunga
namakhulu amathandathu, behamba behlala. Akabanga saya eKehila uSawule
akuva ukuba uDavide ubalekile wemka apho.

UDavide kweleentaba

14UDavide waya kuhlala kwiindawo ezinqabileyo entlango nakweleentaba
zentlango eyiZifi. Wathi rhoqo uSawule ukufuna uDavide, kodwa uNdikhoyo
akamnikelanga ezandleni zakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15Kwathi uDavide eseHoreshe kuloo ntlango iyiZifi weva ukuba uSawule
uphumele ukumbulala.

16Kwafika uJonatan apho, eze kumkhuthaza ngaye uThixo.

17Wathi kuDavide uJonatan: “Musa ukoyika, Davide; ubawo uSawule akasoze
abe nako ukusa isandla kuwe. Nguwe oza kuba ngukumkani kwaSirayeli;
mna ndiza kuba sisandla sakho. Úyayazi naye loo nto ubawo uSawule.”

18Baphinda banqophisana phambi koNdikhoyo. Emva koko wagoduka
uJonatan, uDavide yena wasala apho eHoreshe.

19Kwesuka amaZifi, aya eGibheya, eye kuxelela uSawule esithi: “Nanko
uDavide ezímele kwelakowethu kwinduli iHakila eyenye yeendawo
ezinqabileyo ezikummandla waseHoreshe ezantsi kweYeshimoni.

20Ke ngoko, mhlekazi, nanini wakuthanda, yiza – siya kumnikela ezandleni
zikakumkani.”

21Wathi kuwo uSawule: “Nindincedile; ubenga uNdikhoyo
anganithamsanqela ngenxa yokundikhathalela kwenu.

22Godukani ke, niphinde nikhangelise kakuhle apho akhoyo, nimazi naloo
mntu umbonileyo. Kuthiwa uDavide ulumkile.

23Ziqapheleni kakuhle iindawo ahlala kuzo, nibuye nindazise ke. Emva koko
ke ndiya kuhamba kunye nani. Ukuba uselapho ndiya kumkhangela kulo
lonke, ndimfune ndide ndimfumane, nokuba kungade kufuneke ndityhutyha-
tyhutyhe onke amawaka akwaJuda.”

24Basuka ke abo bantu, bamandulela uSawule ukuya eZifi. Ngoku uDavide
namadoda akhe babekwintili ekwintlango iMawoni, kumazantsi elakwaJuda,
ezantsi kweYeshimoni.

25USawule wanduluka ukuya kufuna uDavide. Kodwa yena uDavide
wayixelelwa loo nto, wemka waya kuhlala kwingxondorha yenduli
eyayikuloo ntlango iMawoni. Uthe akuyiva loo nto uSawule, waya
kwintlango iMawoni, esekhondweni likaDavide.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[26]USawule nomkhosi wakhe noDavide namadoda akhe bohlulwa yiloo nduli, omnye ekwelinye icala, omnye ekwelinye, ooDavide bezama ukubaleka umkhosi kaSawule owawuselubarhangqile ukubabamba.

[27]Kanye ngelo thuba kwafika isigidimi kuSawule, size nodaba oluthi: “Khawuleza uze, kuba amaFilistiya ayaliphanga ilizwe lakowethu.”

[28]Wajika kwangoko uSawule, waya kuqubisana namaFilistiya. Loo nduli yathiywa igama elithi yiSela-hamalekoti.

[29]Wemka apho uDavide, waya ezindaweni ezinqabileyo zase-Engedi, wafika wazímela apho.

1 Kasamweli 24

UDavide wala ukubulala uSawule

[1]Ukubuya kwakhe uSawule emfazweni, evela kulwa namaFilistiya, waxelelwa ukuba uDavide wayekwintlango yase-Engedi.

[2]USawule wathatha amawaka amathathu amadoda akhethiweyo kwaSirayeli, wangena ekhondweni, esiya kukhangela uDavide ngakwicala langasempumalanga laMaweempunzi.

[3]Endleleni apho uSawule wafika kwindawo eneentango zeegusha. Apho bekukho umqolomba, waza uSawule wangena kuwo, efuna ukuya kuzithuma. Yayinguloo mqolomba kanye wayezímele kuwo uDavide namadoda akhe, besengontsini phakathi kanye.

[4]Athi amadoda akhe akuyibona loo nto: “Nali ithuba lakho! Akazanga atsho uNdikhoyo ukuthi wolunikela kuwe utshaba lwakho, wenze nantoni na ofuna ukuyenza ngalo?” Wachwechwa ke uDavide, wafika wasika isondo lesambatho sikaSawule, phofu uSawule engakuqondi okuqhubekayo.

[5]Loo nto wayenza kuSawule yamdla kakhulu uDavide.

[6]Wathi kumadoda akhe: “Makandithintele uNdikhoyo ekwenzeni into enje kwinkosi yam umthanjiswa kaNdikhoyo, nditsho le yokuba ndise isandla sam kuye, kuba kaloku ungumthanjiswa kaNdikhoyo!”

© 1996 Bible Society of South Africa.

7Wawakhalimela ngaloo mazwi uDavide amadoda akhe, wawanqanda ukuze angamhlaseli uSawule. Wesuka kuloo ndawo uSawule, wangena endleleni.

8UDavide waphuma emqolombeni, wamlandela ekhwaza esithi: “Wa, mhlekazi, nkosi yam!” Wajika wakhangela ngasemva uSawule. Wawa ngobuso emhlabeni uDavide ekhahlela.

9Waqhuba wenjenje: “Mhlekazi, kungani na ukuba uhambisane nolwimi oluthi mna ndizungula ukukwenzakalisa?

10Wena akuyiboni into yokuba khona ngoku uNdikhoyo ebekunikele esandleni sam phaya kulaa mqolomba? Bekusithiwa mandikucim' igama, kodwa ndaba nenceba, ndala konke mna ukukubulala, kuba kaloku wena ungukumkani, umthanjiswa kaNdikhoyo.

11Bawo, khangela, nali isondo lesambatho sakho esandleni sam! Ngendikucim' igama, koko ndisuke nje ndasika le ndawo engubeni yakho. Yazi ke ngoku uqonde ukuba mna andikhange ndafuna kukuvukela okanye kukwenzakalisa. Nguwe ozingela mna, ufuna ukundibulala, naxa ndingakwenzanga nto imbi.

12Wanga ke uNdikhoyo angahlula phakathi kwam nawe. Ubenga angandiphindezela ngenxa yobubi ondenzele bona. Mna andingekhe ndikuse sandla.

13Kaloku sitsho njalo isaci samandulo ukuthi: ‘Inkohlakalo iphuma kwabakhohlakeleyo.’ Ke mna andiyi kukusa sandla konke.

14Ngaba úyayiqonda yona le nto ayileqayo ukumkani wamaSirayeli? Yintoni le ayisukelayo? Ngaba usukela inja efileyo okanye intakumba enye?

15Hayi, makahlule uNdikhoyo, kucace ukuba ngubani owonileyo phakathi kwam nawe. Makayigqale imeko yam, andigwebele, ancede andihlangule kuwe!”

16Uthe akupheza ukuthetha uDavide, wavakala uSawule esithi: “Davide, mfo wam, ngaba lilizwi lakho na elo?” Watsho elila.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Waqhuba wathi kuDavide: “Unyanisile, ndim lo wonileyo, kuba ubusoloko
usenza ubuhle kum, kanti mna bendikuphatha kakubi!

18Ukubonakalalisile ukulunga kwakho kum namhlanje, kuba akundibulalanga
uNdikhoyo selendinikele esandleni sakho!

19Yakha yabonwa phi into yokuba athi umntu, selelubambile utshaba lwakhe,
abuye aluyeke angalwenzakalisi? Ubenga uNdikhoyo angakuthamsanqela
ngale nto ilungileyo undenzele yona namhlanje.

20Ngoku ndiyazi ukuba iza kuba nguwe ukumkani wakwaSirayeli, nokuba
ulawulo lwakwaSirayeli luya kuzinziswa ezandleni zakho.

21Kodwa ke funga uNdikhoyo ukuba akuyi kuyitshabalalisa inzala yam, ukuze
igama lam lingabhangi endlwini kabawo.”

22Wafunga ke uDavide. Emva koko uSawule wabuyela komkhulu, waza yena
uDavide namadoda akhe babuyela endaweni yabo enqatyisiweyo.

1 Kasamweli 25

Ukufa kukaSamweli

1Wathi akubhubha uSamweli aqokelelana onke amaSirayeli, aza amzilela.
Wangcwatyelwa kowabo eRama uSamweli.

UDavide noAbhigeli

Emva koko uDavide wemka waya kuhlala kwintlango iParan.

2Ke kaloku eMawon bekukho indoda eyayifuya eKarmele. Le ndoda ibimi
kakuhle, inewaka leebhokhwe namawaka amathathu eegusha eyayizicheba
eKarmele.

3Igama laloo ndoda lalinguNabhali, lona elomkayo linguAbhigeli. Umfazi
lowo wayehlakaniphile eyinzwakazi. Indoda yayingqwabalala, ingenambeko,
yona ingumKalebhi.

4Esentlango apho uDavide weva ukuba uNabhali ucheba iigusha.

5Wathumela ishumi lamadodana eKarmele ukuba aye kumbuza impilo
uNabhali.

© 1996 Bible Society of South Africa.

6Wathi ze bambulisele, badlulise iminqweno emihle nakwintsapho yakhe
nako konke okwakhe, baze bathi:

7“Inkosi yethu uDavide ithi: ‘Ndivile ukuba kuyachetywa kwakho. Ke abelusi
bakho babekunye nathi, saza sabaphatha kakuhle, baza abalahlekelwa nto
lonke elo xesha babekunye nathi eKarmele.

8Nabo bangayingqina loo nto. Ke ngoku, njengokuba la madodana
ndiwathumele kuwe ngomhla wetheko, nceda uwanike nokuba yintoni na,
eze nayo apha kum, mna nyana wakho.’ ”

9Loo madoda awusa kuNabhali loo mlomo kaDavide, aza alinda impendulo.

10Wavakala uNabhali esithi: “Loo Davide nithetha ngaye ngubani; engubani
loo nyana kaJese? Ngathi kuthe saa elizweni zizicaka ezisabayo kwiinkosi
zazo ndibonanje.

11Ndingathini ukuthatha ukutya kwam, nesiselo sam, nenyama endiyixhelele
abachebi bam, ndiphise ngayo kumadoda angoovuk' engceni.”

12Abuyela kwakuDavide loo madodana, afika amxelela konke okuthethwe
nguNabhali.

13UDavide wathi kumadoda akhe: “Xwayani nonke amakrele enu!” Bonke
bawaxwaya, waza naye wenjenjalo. Wahamba namakhulu amane amadoda,
kwasala amakhulu amabini elinde impahla.

14Kwesuka esinye kwizicaka zakwaNabhali, saya kuhlebela umkakhe
uAbhigeli, safika sathi: “Nkosikazi, uvile na? UDavide ubethumele izigidimi
zivela entlango ukuba zizise imibuliso kumhlekazi, wasuka yena
wazinukuneza.

15Kanti ke la madoda ayesiphethe kakuhle. Akazanga asihlupha nganto, saye
singazange sibe nanto ilahlekayo ngalo lonke elo xesha sasisendle kunye
nawo.

16Asoloko esikhusela ubusuku nemini ngokuya sasisalusa impahla endle.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Khawuyicinge nawe loo nto, ukhangele ukuba wena ungenza ntoni na. Isenokuba yingozi kumhlekazi le nto, nkqu nakumzi wakhe wonke. Ayizonkani kumhlekazi; akeva mntu!”

18Wagxabha-gxabhisa uAbhigeli, waqokelela amakhulu amabini ezonka, neemvaba ezimbini zizele yiwayini, kunye nenyama yeegusha ezintlanu eyosiweyo, nengqolowa egcadiweyo eziikhilogram ezisixhenxe, nekhulu lezikhinkci zerasentyisi, namafiya aqwayitiweyo alikhulu lezikhinkci. Yonke loo nto wayilayisha phezu kweedonki.

19Wathi kwizicaka zakhe: “Khokelani; mna ndiza kulandela.” Akazange ase lizwi kumyeni wakhe uNabhali.

20Kwathi esahamba ngaloo donki yakhe uAbhigeli, xa kanye agwejelayo endulini, wagagana noDavide kunye namadoda akhe, besiza ngakuye.

21UDavide wayesatsho ukuthi: “Kube lilize ukukhusela impahla yelaa tshijolo uNabhali endle. Akukho nanye into yakhe eyakha yabiwa, kodwa ngoku undibulela ngesikhohlela ndakugqiba ukumnceda!

22Makandigwebe kalukhuni uThixo ukuba ilanga lithe lasa kusekho into eyindoda kwaNabhali!”

23Wathi uAbhigeli akuthana nqwakaqhwa noDavide, wakhawuleza wehla kuloo donki wayekhwele kuyo, wawa ngobuso emhlabeni ezinyaweni zikaDavide,

24wakhahlela wathi: “Mhlekazi, nceda, libeke kum ityala! Ndivumele mna sicakazana sakho ndithethe nawe, uyive into endiyibhekisa kuwe.

25Musa ukuzikhathaza ngesiya sikhohlakali sendoda uNabhali! Iyile nto kanye lithetha yona igama layo – sisihiba. Mna khange ndiwabone loo madodana inkosi yam ibiwathumele.

26Nangoku nguNdikhoyo lo ukunqandileyo ukuba ungaphalazi igazi ngokuziphindezela kwiintshaba zakho. Ekho nje uNdikhoyo zonke iintshaba zakho kunye nâbo bakuzondayo baza kohlwaywa, bafane noNabhali.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

27Nasi isipho endize naso, mhlekazi; sithathe usinike amadoda akho.

28Uze nam sicakazana sakho undixolele. UNdikhoyo uya kukwenzela umzi ozinzileyo, kuba uyamlwela, yaye ububi abuyi kufunyanwa kuwe imihla yakho yonke.

29Xa kukho bani ukuhlaselayo efuna ukukubulala, uNdikhoyo uThixo wakho wokukhusela, axel' indoda elinde indyebo yayo. Zona iintshaba zakho uNdikhoyo wozithi jwi-jwi okwamatye ajiwulwa ngenkwitshi.

30Akuba uNdikhoyo ekufezekisile konke okulungileyo akuthembise kona, wakumisela waba ngolawulayo kwaSirayeli,

31okwenzekileyo namhlanje akuyi kuba sisizathu sokuba ukhubeke okanye uzisole ngento yokuphalaza igazi elimsulwa uziphindezela. Nam ke, mhlekazi, uze ungandilibali xa athe wakuthamsanqela uNdikhoyo."

32Uphendule ngelithi uDavide: "Makabongwe uNdikhoyo uThixo kaSirayeli othe wakuthumela ukuba undihlangabeze namhlanje!

33Makabongwe uThixo okuphe loo ngqondo ube nayo, ukuze wenze le nto indivalelayo, ukuze ndingenzi bugwinta ngokuziphindezela ngezam izandla.

34Ewe, nguNdikhoyo lo undinqandileyo ukuba ndingamenzakalisi uNabhali. Kambe ndifunga uThixo kaSirayeli ukuba, xa ubungakhawulezanga wandikhawulela, ngengomso ibiya kuba ifile yonke into eyindoda kwaNabhali."

35UDavide wazamkela ezo zipho awayeze nazo uAbhigeli, waza wathi: "Hamba ngoxolo ugoduke. Ndikuvile, yaye ndosenza isicelo sakho."

36Wagoduka ke uAbhigeli, ebuyela kuNabhali, owayenze itheko elifana nelekumkani. Wayeshushu umfo, watsho wayimvuzemvuze bububele. UAbhigeli ke akazanga abe samxelela nto kwada kwangegomso.

37Wathi akuqabuka uNabhali, wandula uAbhigeli ukumbalisela konke akwenze ngezolo. Wasuka wafa umzimba wasisigogo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

38Kwathi emva kwemihla elishumi uNdikhoyo wambetha uNabhali,
wasweleka.

39Zathi zakufika kuDavide iindaba zokuba uNabhali akasekho, wavakala
esithi: “Makabongwe uNdikhoyo ondilamleleyo kwimbambano yam
noNabhali owandenzela ulunya. Mna sicaka sakhe uNdikhoyo wandinqanda
ekwenzeni ububi, baza ubugwenxa bukaNabhali babuyekezelwa kwakuye.”
Emva koko uDavide wathumelisa kuAbhigeli emcela ukuba abe ngumkakhe.

40Zafika kuAbhigeli eKarmele izicaka zikaDavide, zathi: “Uthe uDavide
masize kukuphuthuma ukuze ube ngumkakhe.”

41Wathoba ubuso bakhe, wabujongisa emhlabeni uAbhigeli, wathi: “Ewe,
mna ndisisicakazana sakhe; ndiyavuma ukumkhonza, ndihlambe nokuhlamba
iinyawo zezicaka zakhe.”

42Wagxabha-gxabhisa, wakhwela edonkini yakhe, wahamba nezigidimi
zikaDavide, ekhatshwa ziimpelesi zakhe ezintlanu ukuya kwendela kuDavide.

43UDavide wayeselenomfazi onguAhinowam intombi yaseYizereli ngoku
athatha uAbhigeli.

44Kanti ke uSawule intombi yakhe uMikali, eyayikwangumka-Davide,
wayeyendisele kuPalti unyana kaLayishe waseGalim.

1 Kasamweli 26

UDavide wala kwakhona ukubulala uSawule

1AmaZifi ahambela kuSawule eGibheya, athi: “Nanko uDavide ezímele kulaa
nduli iHakila ekumaphethelo entlango yelakwaJuda.”

2Unduluke kwangoko uSawule wenjenjeya, ehamba namawaka amathathu
amadoda akhethiweyo kwaSirayeli, ukuya kukhangela uDavide kuloo ntlango
yaseZifi.

3Wafika wamisa ikampu ngasendleleni kuloo nduli iHakila. Wayesesentlango
uDavide lo gama kufika uSawule. Uthe ke akubona ukuba nanko uSawule
emlandela,

© 1996 Bible Society of South Africa.

4wathumela iintlola, ziye kuqonda ukuba ngaba wayelapho ngenene na
uSawule.

5UDavide usuke kwangoko wayijongisisa loo ndawo wayemise kuyo uSawule.
Wayibona indawo apho uSawule noAbhinere, unyana kaNere, umphathi-
mkhosi kaSawule, babelalisa kuyo. USawule wayelala phakathi ekampini,
engqongwe ngumkhosi wakhe.

6Emva koko uDavide ubhekise kuAhimeleki umHeti, nakuAbhishayi
umntakwabo-Jowabi (onina yayinguZeruya) wenjenje: “Ngubani phakathi
kwenu ofuna ukuya nam kulaa kampu kaSawule?” “Ndim oza kuhamba
nawe,” uvakele esitsho uAbhishayi.

7Ngobusuku bangaloo mini ke uDavide kunye noAbhishayi baya kungena
ekampini kaSawule, elele ubuthongo phakathi ekampini, umkhonto wakhe
ugxunyekwe phantsi ngasentloko. Amajoni noAbhinere babelele obentlombe
bemngqongile.

8Kwesi sithuba uAbhishayi uthe kuDavide: “Utshaba lwakho ulunikezele
esandleni sakho namhlanje uThixo! Ndiyeke ndimgwaze ndimhlabanisele
ngomkhonto. Andiyi kuphinda kabini!”

9Uphendule wathi uDavide: “Uze ungambulali! Ngubani ongamsa isandla
umthanjiswa kaNdikhoyo aze abe msulwa?

10Inene, ekho nje uNdikhoyo,” waqhuba watsho uDavide, “nguNdikhoyo
ngokwakhe oya kumbetha, nokuba kungokufika kwemini yakhe yokufa,
nokuba kungokubulawa kwakhe edabini.

11Ngenxa kaNdikhoyo mna mandingaze ndimse isandla umthanjiswa
kaNdikhoyo. Thatha laa mkhonto wakhe, nalaa ngqayi yakhe yamanzi
ingasentlokweni yakhe, sihambe.”

12Bawuthatha ke loo mkhonto naloo ngqayi zazisentla koSawule, bemka nazo
ooDavide noAbhishayi. Akukho bani owababonayo, nabani owakuvayo

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

okwakuqhubeka, nabani owaphaphamayo; bonke babelel' obentlombe, kuba kaloku uNdikhoyo wabahlisela obunzulu obu ubuthongo xa bebonke.

13Wasuka apho wawela intlambo uDavide, waya kuthi qingqi ngaphesheya endulini ethe qelele, wafika

14wamemeza ekhwaza umkhosi kaSawule noAbhinere, esithi: “Wa, Abhinere! Khawuphendule, mfondini!” “Ngaba ngubani na lo ufundekela ukumkani?” NguAbhinere lowo utshoyo.

15Kuphendule kwauDavide, wenjenje: “Andibi kanene, Abhinere, nguwe intshatsheli emfazweni? Ukhona na omnye olingana nawe kwaSirayeli? Ngani ke ungamkhuseli umhlekazi ikumkani yakho? Ngoku ndithethayo kungene umntu apho emkhosini wenu, eze kubulala ukumkani.

16Imbi le nto uyenzileyo, Abhinere! Ekho nje uNdikhoyo, ndithi nimelwe kukufa nonke, kuba noyisakele kukukhusela ukumkani wenu, umthanjiswa kaNdikhoyo! Khawukhangele: uphi umkhonto kakumkani? Iphi yona ingqayi yakhe, le ibisentla kwakhe?”

17Waliva ilizwi ukuba lelikaDavide uSawule. Uvakele esithi: “Ngaba nguwe lowo, Davide, nyana wam?” “Ewe, ndim, mhlekazi,” kuphendule uDavide.

18Watsho eqhuba esithi: “Khawutsho, mhlekazi, usandizungula ngantoni kangaka! Ndenzeni, mhlekazi? Liyintoni ityala lam kuwe?

19Mhlekazi, nkosi yam, khawuphulaphule amazwi omkhonzi wakho! Ukuba nguNdikhoyo okuxhokonkxileyo ngakum angáxoliswa ngumnikelo. Phofu ukuba ngabantu, mabahlelwe sisiqalekiso sikaNdikhoyo. Kaloku bandiphephethe ndatsho ndabhacela ngaphandle komhlaba olilifa lethu esilinikwe nguNdikhoyo, besithi: ‘Deda, uye kunqula thixo bambi!’

20Mhlekazi, igazi lam malingaphalali ezizweni kude noNdikhoyo! Inene, ukumkani wakwaSirayeli uphumele ukuzingela intakumba enye, exela ubani osukela isakhwatsha ezintabeni.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

21Uphendule wenjenje uSawule: “Ndonile; buyel' ekhaya, Davide nyana wam!
Andisobe ndikuse sandla konke, ngokuba namhlanje ubomi bam bube
lixabiso kuwe. Ngenene ndenze ubudenge ndaphazama gqitha!”

22Waphendula uDavide wathi: “Umkhonto wakho nguwo lo, mhlekazi.
Thumela omnye wabafana bakho eze kuwuthatha.

23NguNdikhoyo ongumvuzi wabenza okulungileyo kwanâbo bathembekileyo.
Wena ebekubeke esandleni sam namhlanje uNdikhoyo, kambe ke mna
andikusanga sandla, kuba ungukumkani othanjiswe nguye.

24Njengoko ndibuxabisileyo ubomi bakho namhlanje, ubenga uNdikhoyo
abuxabise nobam, andihlangule kuzo zonke iimbandezelo.”

25USawule wathi kuDavide: “Wanga ungathamsanqeleka, nyana wam Davide.
Uya kuya usomelela ngokomelela, ude ube ngotshatsheleyo.” Emva koko ke
uDavide wahamba indlela yakhe, yena uSawule wagoduka.

1 Kasamweli 27

UDavide kwelamaFilistiya

1Emva koko uDavide wacinga wathi: “Uya kuze andithi hlasi andibulale
uSawule lo ngenye imini. Icebo linye ke: kukusabela kwelamaFilistiya.
Wondincama ke uSawule, ayeke ukundifuna kwaSirayeli, ndibe ke
ndiyaphuncuka esandleni sakhe.”

2Wanduluka ke uDavide kunye namadoda akhe angamakhulu amathandathu,
benjenjeya ukusinga kwa-Akishe, unyana kaMawoki, ukumkani waseGati.

3Bafumana indawo ke apho ooDavide namadoda akhe, bahlala neentsapho
zabo kwelo zwe. UDavide wayehamba nabo abafazi bakhe uAhinowam
waseYizereli kunye noAbhigeli umhlolokazi kaNabhali waseKarmele.

4USawule akuva ukuba uDavide wasabela eGati, wanikezela, wayeka
ukumzingela.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5Wathi uDavide kuAkishe: “Ukuba uyakholwa ndim, ndinike idolophana
kwezisemaphandleni, ndihlale kuyo. Akukho nto ithi mandihlale apha
komkhulu kunye nawe, mhlekazi.”

6Ukumkani uAkishe wamnika idolophu iZikelage. Kususela loo mini ke
iZikelage yaba phantsi kolawulo lweekumkani zakwaJuda.

7Apho eFilistiya uDavide wahlala unyaka oneenyanga ezine.

8Ngelo xesha ke uDavide namadoda akhe babemana behlasela amaGeshuri
namaGezere kunye nama-Amaleki. Kwamandulo ezi zizwe zazimi kuloo
mmandla osuka eShure, uthi ga ngelamaJiputa.

9Ngalo lonke ixesha uDavide ehlasela ummandla othile wayebulala onke
amadoda nabafazi, athimbe zigusha, zinkomo, zidonki, neenkamela, nditsho
nkqu nempahla enxitywayo. Emva koko wayedla ngokubuyela kwakumkani
uAkishe.

10Xa ukumkani uAkishe wayembuza athi: “Ubuye kuhlasela phi namhlanje?”
uDavide wayedla ngokuphendula athi: “Ndivela ezantsi kwelakwaJuda,”
okanye athi: “Ndivela kummandla wakwaJerameli ezantsi,” okanye athi:
“Ndivela ezantsi kwelamaKeni.”

11Wayedla ngokubulala wonke umntu uDavide, indoda nomfazi, kuba
wayesithi: “Bangasintama, bathi: ‘UDavide wênza oku noku.’ ” Wenjenjalo ke
uDavide ngalo lonke elo xesha aseFilistiya.

12UAkishe wayemthembile uDavide kangangokude avakale esithi: “Selenuka
kangaka nje kumawabo amaSirayeli, uza kuhlala apha, abuse kum bonke
ubomi bakhe.”

1 Kasamweli 28

1Ngaloo mihla amaFilistiya ayeqokelele amabutho, eza kulwa namaSirayeli.
Ukumkani uAkishe wabhekisa kuDavide wenjenje: “Uzuqonde mhlophe
ukuba wena namadoda akho niza kulwela mna kule mfazwe!”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

2Uphendule wathi uDavide: “Uza kuzibonela ngokwakho, mhlekazi, oko
angákwenzayo umkhonzi wakho.” Uphendule wathi ukumkani uAkishe:
“Yiyo ke loo nto ndifuna ukuba ube ngumlindi wam osisigxina wena.”

USawule uya kuvumisa

3Ngelo xesha uSamweli wayeselebhubhile, aza onke amaSirayeli amzilela,
amngcwaba eRama kwisixeko sakhe. Ngaloo mihla uSawule wayebagxothe
kwaSirayeli bonke abavumisa ngoonomathotholo kwakunye noosiyazi.

4Amabutho amaFilistiya aqokelelana, aya kumisa eShunem. Ke yena uSawule
wawaqokelela amaSirayeli, umkhosi wawumisa entabeni iGilibhowa.

5Wankwantya uSawule akuwubona umkhosi wamaFilistiya,

6wabuza kuNdikhoyo ukuba angathini na. UNdikhoyo akamphendulanga;
nditsho nangamaphupha, kwankqu nangeeurim neethumim, ukanti
nangabashumayeli.

7Ngenxa yaloo nto ke uSawule wathi kumaphakathi akhe: “Ndifuneleni
umfazi ovumisa ngoonomathotholo, ukuze sithathe iintonga, siye kuye.”
“Ukho lo kuthiwa use-Endore,” kutsho amaphakathi.

8USawule wazenza mntu wumbi, wanxiba zambatho zimbi. Uthe ngorhatya
wakhatshwa ngamaphakathi amabini, baya kuloo mfazi uvumisayo. Uthe
akuba efikile kuloo mfazi uSawule, wabhekisa kuye wenjenje: “Khawubhekise
kwabangasekhoyo, undibizele lo mntu ndiza kukuxelela igama lakhe.”

9Suke loo mfazi wathi kuSawule: “Ngathi uyayazi nje into eyenziwe
ngukumkani uSawule! Andithi nguye owaphelisa abavumisa
ngoonomathotholo kwakunye noosiyazi kwaSirayeli? Kutheni ufuna
ukundibambisa nje, ndibulawe?”

10Wafunga uSawule wathi: “Ndiyafunga, ekho nje uNdikhoyo, akuyi kubekwa
tyala wena ngenxa yale nto.”

11“Ndikuvusele bani ke?” kutsho loo mfazi. “Ndivusele uSamweli,”
kuphendula uSawule.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Kuthe akuvela uSamweli, wakhala ngamandla loo mfazi, wathi kuSawule:
“Kutheni undikhohlisa nje? Inguwe nje ukumkani uSawule!”

13“Musa ukuphaphazela,” watsho uSawule. “Ndixelele, ubona ntoni?”
“Ndibona isiqu selemimoya siphuma emhlabeni,” kutsho loo mfazi
uvumisayo.

14“Injani inkangeleko yaso?” nguSawule lowo ubuzayo. “Ndibona kusiza
ixhego, lambethe umnweba,” kutsho umfazi. USawule waqonda ukuba
yayinguSamweli. Watsho waqubuda ngobuso emhlabeni ekhahlela.

15Wenjenje ukubhekisa kukumkani uSawule uSamweli: “Kungani na
undiphazamisa nje undivusa?” Uphendule wenjenje uSawule: “Ndisengxakini
enkulu! AmaFilistiya ayandihlasela, yaye noThixo undishiyile. Akasathethi
nam ngomshumayeli nangamaphupha. Ndikubizele ukuba undixelele into
emandiyenze.”

16Wathi uSamweli: “Yini na ukuba ubuze kum, uNdikhoyo ekushiyile nje,
wakujikela?

17Le nto yenzeke kuwe ngoku yile ebekade ekuxelela yona ngam uNdikhoyo.
Uluhluthile esandleni sakho ulawulo, walunika ummelwane uDavide.

18Kaloku wena wala ukumthobela uNdikhoyo: akwenzanga ngokwengqumbo
yakhe evuthayo kuma-Amaleki. Yiyo ke loo nto akwenze le nto nje
uNdikhoyo ngoku.

19Uza kukunikela esandleni samaFilistiya wena kunye namaSirayeli ephela.
Ngomso oku wena kunye noonyana bakho sobe sikunye, yaye uNdikhoyo loo
mkhosi wamaSirayeli uza kuwunikela esandleni samaFilistiya.”

20Ngoko nangoko wawa bhaxa emhlabeni uSawule, egubha ngenxa yamazwi
kaSamweli. Wayeselephelelwe nangamandla, kuba wayengazange wasa nto
emlonyeni imini nobusuku.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21Waya kuye loo mfazi, wafika uSawule efile kukoyika, waza wathi:
“Mhlekazi, umkhonzazana wakho ukuthobele. Ubomi bam ndibubeke
esichengeni ndenza ngokomyalelo wakho.

22Ngoku ke siphulaphule isicakazana sakho; mandikwenzele into etyiwayo,
utye, ahlaziyeke amandla akho, uhambe indlela yakho.”

23Wala uSawule, esithi: “Andiyi kusa nto emlonyeni!” Kambe ke amcenga
amaphakathi kunye naloo mfazi. Ngenene woyisakala, wavuka, wahlala
ebhedini.

24Loo mfazi wakhawuleza waxhela ithole elondlekileyo awayenalo emzini
wakhe; wathatha umgubo, waxova, wenza isonka esinganyuswanga.

25Oko kutya wakubeka ngaphambi kukaSawule kunye namaphakathi akhe,
bakutya, baza banduluka kwangobo busuku.

1 Kasamweli 29

UDavide uyagxothwa ngamaFilistiya

1Amabutho amaFilistiya aqokelelana eAfeki, waza umkhosi wamaSirayeli
waya kumisa ngakumthombo waseYizereli.

2Zaphuma iikumkani zamaFilisitiya, zihamba namabutho azo angamakhulu-
khulu namawaka-waka. Yena uDavide namadoda akhe babelandela
ngasemva, behamba kunye nokumkani uAkishe.

3Zidumzele iinkokheli zamaFilistiya zakubabona, zathi: “La maHebhere afuna
ntoni apha?” Kuphendule ukumkani uAkishe kweso sithuba, wathi:
“Ngumphakathi kakumkani uSawule lo, uDavide. Selenethuba elide elapha
kum, yaye andifumananga sikhwasilima kuye okoko wafikayo apha kum.”

4Azimhoyanga iinkokheli zamaFilistiya, zaba nomsindo, zathi: “Makahambe
lo mfo apha, aye kulaa dolophu wamnika yona. Makangayi kunye nathi
emfazweni, hleze asijikele xa lishushu idabi. Leyo ingaba yindlela elula
angaxolisa ngayo inkosi yakhe ngokubulala amadoda omkhosi wethu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5Kanene, asinguye na lo Davide bakha bombelela ngaye abafazi besithi:
‘USawule ubulele amawaka, kodwa yen' uDavide uwise amawaka ngamawaka
alishumi’? ”

6UAkishe ke wabiza uDavide, waza wathi kuye: “Davide, ndiyafunga, ekho
nje uNdikhoyo, wena unyanisekile, ndaye bendingathandayo ukuba siye
kunye kule mfazwe, kuba andifumananga sikhwasilima kuwe konke okoko
wafikayo apha kum. Kambe ke abanye abaphathi àbakholwa bubukho bakho.

7Phindel' emva ngoxolo ke, mfo wam, ungakhe wenze nto abanokuthi
bayigxeke.”

8Wabuza wathi uDavide: “Ndenzeni, mhlekazi? Wena ubone sikhwasilima
sini na kum oko ndafikayo apha? Ngani ndingavunyelwa nje ndihambe nawe,
mhlekazi, ndiye kulwa neentshaba zenkosi yam?”

9“Ngeba nditsho nam, Davide.” NguAkishe ke lowo. “Mna ndikubona
unyaniseke ngokungathi usisithunywa sikaThixo. Kodwa ke ezinye iinkokheli
zithi asinako ukuya nawe emfazweni.

10Kufuneka ke ngomso oku, wena namadoda akho, enamshiyayo uSawule
neza kum, nivuke ekuseni, ninduluke kusathi qhekre ukusa.”

11Banduluka ekuseni ke ngengomso ooDavide ukubuyela kwelamaFilistiya.
AmaFilistiya wona ajonga phambili eYizereli.

1 Kasamweli 30

Idabi likaDavide nama-Amaleki

1Ngomhla wesithathu bagaleleka eZikelage ooDavide namadoda akhe. Bafika
ama-Amaleki esanda kungenela amazantsi elakwaJuda, ahlasela neZikelage.
Ayeyitshise pam loo dolophu,

2athimba abafazi nabantwana bonke. Kwakungafanga mntu phofu; ayethimbe
nje konke okushukumayo endleleni yawo.

3Ukufika kwabo ooDavide bafika loo dolophu iluthuthu, abafazi noonyana
kunye neentombi zabo kumkiwe nazo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Hayi ke, abhomboloza loo madoda ada aphelelwa ngamandla.

5Kwakuthathwe nabafazi ababini bakaDavide, uAhinowam waseYizereli kunye noAbhigeli umhlolokazi kaNabhali waseKarmele.

6Wazibona selesengxakini embi uDavide, kuba amadoda akhe ayefuna ukumxuluba ngamatye, kuba ayekhathazekile ngenxa yokuduka kweentsapho zawo. Kodwa uDavide wazomeleza ngokuthembela kuNdikhoyo uThixo wakhe kuyo yonke loo nto.

7UDavide wabiza unyana ka-Ahimeleki, uAbhiyatare umbingeleli, wathi kuye: “Khawuze nesidanga eso, mfo ka-Ahimeleki.” Wasisa uAbhiyatare.

8UDavide wabuza kuNdikhoyo wenjenje: “Ndibasukele na aba banqolobi? Ndobafumana na?” “Baleqe; uza kubafumana, ubakhulule abaya bathinjwa,” utshilo uNdikhoyo.

9Wanduluka ke uDavide kunye naloo makhulu mathandathu amadoda. Bathi bakufika kwintlambo iBhesore, asala apho amadoda

10angamakhulu amabini awayedinwe kangangokuba angabi nako ukuyiwela loo ntlambo. Wabheka phambili yena uDavide kunye namakhulu amane amadoda,

11abhaqa umJiputa endle apho, aza amsa kuDavide. Ampha ukutya, watya; amnika namanzi, wathoba unxano;

12ampha nomqwayito wamafiya kunye nezikhinkci zeerasentyisi zazibini. Uthe akugqiba ukutya, waziva edlamkile. Kaloku kwakusekuziintsuku ezintathu engafumani nto ityiwayo, nditsho neyokuthoba unxano.

13Emva koko ke uDavide wambuza wathi: “Khawutsho ke, ungokabani, uphuma phi?” “Mna ndingumJiputa, ikhoboka lomAmaleki,” kuphendula umfo lowo. “Ndishiywe yinkosi yam, kuba ndisuke andaphila. Sekuziintsuku ezintathu ngoku.

14Sasiye kuthimba kulaa mmandla wamaKreti ukumazantsi elakwaJuda, sadlulela kummandla wakwaKalebhi, senjenjeya saya kutshisa iZikelage.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

15“Ungasisa apho bakhoyo abo banqolobi?” kubuza uDavide. Wenjenje
ukuphendula: “Ewe, ndinganisa ukuba ungafunga uThixo ukuba anizi
kundibulala okanye nindinikele kwinkosi yam.”

16Emva koko ke loo mfo wabasa ooDavide apho babemise kona abanqolobi.
Babethe saa abanqolobi abo kuloo ndawo, kutyiwa, kuselwa, kubhiyozelwa
amaxhoba angako awayethinjwe kwelamaFilistiya nakwaJuda.

17Kwathi xa kumpondo-zankomo ngomhla olandelayo, zanqoza, ebahlasela
uDavide, zatsho kwada kwangongcwalazi. Akwasinda namnye kubo
ngaphandle kwamakhulu amane abafana abasuka bona bakhwela
ezinkameleni, babaleka.

18UDavide wabahlangula bonke abathinjwa bama-Amaleki, wabuya nawo
onke loo maxhoba babewathimbile, kunye nabafazi bakhe bobabini,
akwabikho nto ingafunyanwanga.

19Oonyana neentombi zamadoda akhe kunye nawo onke loo maxhoba ama-
Amaleki wabuya nawo uDavide.

20Wabuya nemihlambi yeenkomo neegusha, ahamba eqhuba loo mihlambi
amadoda akhe, esithi: “Huntshuu! Amaxhoba kaDavide!”

21Wesuka apho uDavide, wafika kulawa makhulu mabini amadoda awasala
entlanjeni eBhesore ngenxa yokudinwa. Aphuthuma ukuhlangabeza uDavide
namadoda akhe. Wawabulisa uDavide, wawabuza nempilo,

22kodwa kwabakho amatshijolo nabaphembi-qhushululu kubalandeli
bakaDavide, abathi: “Aba bebengahambanga nathi. Ngoko abazi kuba
nanxaxheba kula maxhoba size nawo. Indoda nganye ingasuka ithathe umfazi
wayo nabantwana bayo, ihambe.”

23Wenjenje ukuwaphendula loo madoda uDavide: “Mawethu, aninako
ukwenjenjalo ngento esiyiphiwe nguNdikhoyo! NguNdikhoyo lo usikhuseleyo
wasoyisela abaya banqolobi bathimbe izinto zethu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

24Ayamkeleki le nto niyithethayo. Kaloku umntu osala nemithwalo ufumana isabelo esinye nalo uya edabini. Makunikwe inxaxheba kumntu wonke ngokulinganayo.”

25Loo mthetho wawiswa nguDavide waba ngummiselo nesiko kwaSirayeli ukususela ngaloo mini.

26Wathi akufika eZikelage uDavide, wathatha isabelo kuloo maxhoba, wasithumela kumadoda amakhulu angoogxa bakhe kwaJuda, esithi: “Nantso inxaxheba esinabela yona kumaxhoba esiwathimbe kubachasi bakaNdikhoyo.”

27Wabela abantu baseBhetele, nabaseRama, kwaJuda emazantsi, nakubantu baseYatire,

28eArohere, eSifimoti, e-Eshtemowa,

29kunye naseRakeli. Wabela nomzi wakwaJerameli, namaKeni,

30kwakunye nabantu baseHoma, eBhorashan, eAtaki,

31nabaseHebron, nakuzo zonke iindawo apho wakha waxhwarha khona kunye namadoda akhe.

1 Kasamweli 31

Ukufa kukaSawule noonyana bakhe

(1 Gan 10:1-12)

1Aqubisana amaFilistiya namaSirayeli, aswantsuliswa amaSirayeli, kwawa inkitha yawo kuloo ntaba iGilibhowa.

2AmaFilistiya awasukela, athana mbende noSawule kunye noonyana bakhe, aza ababulala bobathathu oonyana bakaSawule, uJonatan, noAbhinadabhi, kunye noMalkishuwa.

3Laba shushu idabi kufuphi noSawule, abatoli bamngxwelerha.

4Kweso sithuba uSawule ubhekise kumfana owayephatha izikhali zakhe, wathi: “Rhola ikrele, undigwaze. Andifuni kuvuyelelwa zeziya ntlanga zingalukanga, xa ziza kundibulala.” Loo mfana kambe akazange avume

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

kuyenza loo nto, kuba wayesoyika. USawule ke urhole ikrele lakhe, waza waziphosa kulo.

5Wathi akubona uSawule efile, naye loo mfana waziphosa kwelakhe ikrele, wafa kunye noSawule.

6Kwaba njalo ke ukufa kukaSawule, noonyana bakhe bobathathu, kunye naloo mfana owayemphathela izikhali. Kwawa onke amadoda omkhosi kaSawule ngaloo mhla.

7AmaSirayeli angaphesheya kwentili nangaphesheya kweJordan athi akubona ukuba umkhosi wakwaSirayeli uswantsulisiwe, nokuba uSawule kunye noonyana bakhe bawile, ashiya iidolophu zawo, abhaca. Afika amaFilistiya, ahlala kwezo dolophu zawo.

8Ngengomso xa amaFilistiya aya kuphanga impahla yâbo babewe edabini, afika izidumbu zooSawule noonyana bakhe bobathathu ziqungquluze apho kuloo ntaba iGilibhowa.

9Amnqumla intloko uSawule, amkhulula izixhobo zakhe zemfazwe, athumela izigidimi kulo lonke elamaFilistiya, ukuba ziye kuvakalisa iindaba zoloyiso ezindlwini zoothixo bawo nakuwo onke amawabo.

10Izikrweqe zikaSawule azibeka endlwini yothixo wawo uAshtaroti, isidumbu sakhe asibethelela kudonga lwedolophu iBhete-shan.

11Zathi zakuvakala kubantu baseJabheshe eGiliyadi iindaba zento eyenziwe kuSawule ngamaFilistiya,

12kwanduluka onke amagorha alapho, ahamba ubusuku bonke esinga eBhete-shan. Afika azithula izidumbu zooSawule noonyana bakhe kolo donga lwaseBhete-shan, agoduka nazo, aya kuzitshisa eJabheshe.

13Emva koko bawathatha amathambo abo, baya kuwangcwaba ngaphantsi komthi womtamariske eJabheshe, baza bazila iintsuku ezisixhenxe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

2 Kasamweli

2 Kasamweli 1

UDavide uxelelwa ngokufa kukaSawule

1Akuba uSawule efile, uDavide wabuyela eZikelage emva kokoyisa kwakhe
ama-Amaleki, wachitha khona iintsuku zambini.

2Ngolwesithathu usuku kwafika mfo uthile, evela kwikampu yomkhosi
kaSawule. Wayambethe iingubo ezikrazukileyo, ezigalele umhlaba entloko.
Wathi akufika kuDavide, wawa phantsi ekhahlela.

3UDavide wathi kuye: “Uvela phi?” Uphendule ngelithi: “Ndibaleke ekampini
yamaSirayeli.”

4UDavide wathi: “Kwenzeke ntoni? Khawundixelele.” “Umkhosi wethu usuke
wabaleka,” utshilo ukuphendula, “yaye maninzi amadoda awileyo edabini.
Nditsho nkqu uSawule noJonatan unyana wakhe nabo itshoba lilele
umbethe.”

5Wathi uDavide kuloo mfana wayemzisela ezi ndaba: “Wazi ngantoni ukuba
uSawule nonyana wakhe uJonatan bafile?”

6Umfana lowo waphendula wathi: “Kwathi ndilapho entabeni iGilibhowa
ndabona ukuba uSawule wayexhathise ngomkhonto, seleza kufunyanwa
ziinqwelo nabakhweli-mahashe abamsukelayo.

7Wathi akukhangela ngasemva wandibona, wandibiza, nam ke ndasabela
ndathi: ‘Ndikwenzele ntoni?’

8Wathi kum: ‘Ungubani?’ Ndathi kuye: ‘NdingumAmaleki.’

9Uthe kum ke: ‘Sondela undigqibezele. Ubomi bam sebungamacimi-cimi,
kodwa andikaphelelwa.’

10Ndaya ke, ndafika ndamgwaza, kuba ndandiqonda mhlophe ukuba
akasokube angafi, ukuba ukhe wawa nje. Emva koko ndamothula esi sithsaba
awayesithwele, ndamkhulula nesi sacholo engalweni. Nazi ke, mhlekazi;
ndizizisile kuwe!”

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Wazikrazula izambatho zakhe uDavide, enjenjalo nawo onke amadoda
awayekunye naye.

12Bazila, balila, abatya nokutya oku kwada kwahlwa, belilela uSawule
nonyana wakhe uJonatan kunye namaSirayeli, abantu bakaNdikhoyo,
ababewe ngekrele.

13Emva koko uDavide wabuza loo mfana wayeze nezi ndaba, wathi: “Uvela
phi kakade wena, mfana?” “Mna ndingunyana wendoda engumngeneleli,
umAmaleki,” uphendule watsho loo mfana.

14UDavide ke wathi: “Ngani ungoyiki ukuphakamisa isandla sakho ubulale
umthanjiswa kaNdikhoyo?”

15Waza uDavide wabhekisa kwenye yamadodana akhe, wathi: “Bulala le nto!”
Loo ndodana ke imgwaze kwangoko umfana lowo, yaphel' intw' ibithethwa.

16Wavakala uDavide esithi: “Igazi lakho malibe phezu kwentloko yakho.
Urhintyelwe kwangulo mlomo wakho xa ubungqina usithi: ‘Ndimbulele
umthanjiswa kaNdikhoyo.’ ”

Isililo sikaDavide

17Emva koko uDavide wavuma le ngoma, elilela uSawule nonyana wakhe
uJonatan.

18Wathi kufuneka bayifundiswe bonke abemi bakwaJuda, ibe yingoma
yesaphetha. (Ibhalwe kwiNcwadi kaYashare.) Ithi loo ngoma:

19“Awu! Itshoba lilel' umbethe kwiimbalasane zakwaSirayeli! Awil' amagorha
akuthi phaya endulini!

20“Ze ningayithethi le ntlekele eGati, ningayidizi nasezitalatweni
zaseAshkelon; hleze sihlekwe ziintombi zamaFilistiya; hleze zivuye iintombi
zeentlanga ezingalukiyo.

21“Hoyina, zintaba zaseGilibhowa! Mawunibukul' umbethe ngokunjalo
nemvula, uz' umhlab' uhlal' ungumqwebedu, ungavelisi umnikelo

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

wengqolowa. Kaloku lahlazek' apho kun' ikhaka lenqeberh' enkulu; kungokunje alisawev' amafutha ikhaka likaSawule.

22Kwajub' ugodo lutolo lukaJonatan, lenz' iziqweng' ikrele likaSawule, kwaw' izigantsontso luqikilek' utshaba.

23“Ziinzwana, ziintandane uSawule noJonatan; ngumtya nethunga behleli, befile. Asingomendu, kuncam' ixhalanga; ziingwanzilili, bodlul' iingonyama.

24“Gixani, zintombi zakwaSirayeli, nililel' uSawule owayenambes' ezimbeje-mbeje zon' iingubo, ehombis' izambatho zenu ngegolide.

25“Awu! Ewe, awil' amagorh' amakhulu, itshoba lalal' umbeth' esedabini. Ukhahlelwe phantsi uJonatan phaya endulini.

26Kubuhlung' ukushiywa nguwe, Jonatan, mfo wethu! Ubuyinceke, intandane kum. Uthando lwakho kum beluncamisile; beludlul' uthando lwentombazana.

27“Awu! Ngenene, itshoba lilel' umbethe kumagorh' akuthi; nezo zikrweqe zemfazwe zifane zalal' umhlwa.”

2 Kasamweli 2

UDavide ngukumkani wakwaJuda

1Emva koko uDavide wabuzisa kuNdikhoyo wathi: “Ndingaya kuhlala na kwesinye sezixeko zakwaJuda?” UNdikhoyo wathi: “Yiya.” Wabuza uDavide wathi: “Mandiye phi?” Wathi uNdikhoyo: “Yiya eHebron.”

2Wahamba ke uDavide kunye nabafazi bakhe ababini uAhinowam waseYizereli kunye noAbhigeli owayengumhlolokazi kaNabhali waseKarmele.

3Wahamba nawo amadoda akhe uDavide, aya kuhlala neentsapho zawo kummandla waseHebron.

4Afika ke amadoda akwaJuda, eze kumthambisa uDavide apho eHebron ukuba abe ngukumkani wakwaJuda. Zithe zakufika kuDavide iindaba zokuba abantu baseJabheshe eGiliyadi bamngcwabile uSawule,

© 1996 Bible Society of South Africa.

5wathumela izigidimi kubo, wathi: “Wanga uNdikhoyo anganithamsanqela
ngesenzo esihle sokubonakalisa intembeko ngokungcwaba inkosi yenu
uSawule.

6Ubenga uNdikhoyo anganiphatha ngobubele nangokunyaniseka. Nam ke
ndiza kuniphatha kakuhle ngenxa yale nto niyenzileyo.

7Ze niqine, ningoyiki ngenxa yokuba inkosi yenu uSawule ingasekho. Abantu
bakwaJuda bandithambisile ndaba ngukumkani wabo.”

UIshbhoshete ngukumkani wakwaSirayeli

8Umphathi wemikhosi kaSawule uAbhinere, unyana kaNere, wabaleka
nonyana kaSawule uIshbhoshete, waya naye eMahanayim ngaphesheya
kweJordan.

9Wafika apho uAbhinere wamisela uIshbhoshete waba ngukumkani ophethe
imimandla yaseGiliyadi, kwa-Ashere, eYizereli, kwaEfrayim,
nakwaBhenjamin, nditsho elakwaSirayeli liphela.

10Waba ngukumkani xa emashumi mane ubudala uIshbhoshete unyana
kaSawule, walawula iminyaka yamibini. Isizwe sakwaJuda sona sasiphantsi
kukaDavide.

11Wasilawula ehlala eHebron iminyaka yaba sixhenxe neenyanga
ezintandathu.

Idabi phakathi koSirayeli noJuda

12Kwasuka uAbhinere eMahanayim, ehamba namaphakathi kaIshbhoshete,
baya kwidolophu iGibheyon.

13Ngasechibini laseGibheyon bahlangana noJowabhi, owayezalwa nguZeruya.
UJowabhi wayehamba namanye amaphakathi kaDavide. Bahlala phantsi
bonke, elinye iqela likweli cala lechibi, elinye likweliya.

14Wavakala uAbhinere esithi kuJowabhi: “Makhe sithelekise abafana,
bakhuphisane ngokulwa sibukele.” UJowabhi wathi: “Kulungile, mabenze!”

© 1996 Bible Society of South Africa.

15Kwasuka ishumi elinambini labafana limele uIshbhoshete unyana kaSawule
ngakwicala lakwaBhenjamin, baqubisana neshumi elinambini labafana becala
likaDavide.

16Umfana ngamnye wayebamba lowo akhuphisana naye entloko, amgwaze
ngekrele ephangweni. Loo nto ke yatsho bafa kunye bonke. Loo ndawo ke
eGibheyon kuthiwa yiHelekati-hazurim.

17Kwavuka idabi elibi ngaloo mini, uAbhinere neqela lakwaSirayeli boyiswa
ngamadoda ecala likaDavide.

18Babelapho oonyana abathathu bakaZeruya: uJowabhi, noAbhishayi, kunye
noAsayeli. Yayingengomendu kuAsayeli, wayeyimbabala.

19Wasuka wangqala ngqo ngoAbhinere emleqa.

20Akuthi krwaqu ngasemva uAbhinere wabona uAsayeli, wathi: “Ingaba
nguwe lowo, Asayeli?” “Ndim kanye,” utshilo uAsayeli.

21UAbhinere wathi: “Sukusukela mna, mfondini. Leqa, naliya ijoni, uthathe
amaxhoba lawo liwaphetheyo.” Akayihoyanga loo nto yena uAsayeli, wasuka
wee ngcembe emva koAbhinere.

22Uphindile uAbhinere wathi kuAsayeli: “Mfondini, ndithi ndiyeke;
sukundisukela. Ufuna ndide ndikwenzakalise? Khona ndingajongana njani
nomntakwenu uJowabhi?”

23Kodwa wala uAsayeli. Usuke uAbhinere wabinza ngasemva, wamthi gobho
esiswini ngomkhonto, watsho waya kugqobhozela emqolo loo mkhonto.
Wajuba wawa uAsayeli, wafela kuloo ndawo. Wonke umntu osondela kuloo
ndawo wayefele kuyo uAsayeli, wayefika eme nematha.

24Kwasuka uJowabhi noAbhishayi, bamsukela uAbhinere. Kuthe kwakuhlwa
bafika endulini yaseAma ekhangelene neGiya kuloo ndlela ibheka
kwinkangala yaseGibheyon.

25Amadoda akwaBhenjamin ahlanganisana, azibandakanya noAbhinere, ema
ndawonye phezu kwenduli.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[26]UAbhinere wamemeza wathi kuJowabhi: “Mfondini, liya kudla kude kube nini na ikrele? Akuqondi na wena ukuba le nto iza kugqibela sekukho intiyo phakathi kwethu, ukanti ningabantakwethu? Nakuyeka nini kodwa ukusukelana nathi?”

[27]Uphendule ngelithi uJowabhi: “Ekho nje uThixo, inene, ukuba ubungathethanga besiza kunileqa kude kuse.”

[28]Wavuthela isigodlo sakhe emva koko uJowabhi, exelela amadoda akhe ukuba ayeke ukuwasukela amaSirayeli. Waphela ke njalo umlo.

[29]UAbhinere namadoda akhe bahamba ubusuku bonke, betyhutyha loo ntili yaseJordan. Bayiwela ngengomso iJordan, sebehambe intsasa yonke, baya kugaleleka eMahanayim.

[30]Uthe akuwaqokelela amadoda akhe uJowabhi, emva kokusukela amaSirayeli, kwafumaneka kulahleke ishumi elinethoba lamadoda ngaphandle kuka-Asayeli.

[31]Iqela likaDavide lona labulala amakhulu amathathu namashumi amathandathu kumadoda akwaBhenjamin awayenoAbhinere.

[32]UJowabhi namadoda akhe bawuthatha umzimba ka-Asayeli, baya kuwungcwabela eBhetelehem kumangcwaba akowabo. Emva koko bahamba ubusuku bonke, bada baya kutsho eHebron xa kumpondo zankomo ngengomso.

2 Kasamweli 3

[1]Ke kaloku kwaba lixesha elide kukho imfazwe phakathi kwendlu kaSawule nendlu kaDavide. Lo gama iphelelwayo indlu kaSawule, ekaDavide yona yayisiya iqina ngokuqina.

Oonyana bakaDavide

[2]EHebron uDavide wazala oonyana. Izibulo yayinguAmnon, ezalwa nguAhinowam waseYizereli;

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

3kuze owesibini uKiliyabhu, ezalwa nguAbhigeli umhlolokazi owashiywa
nguNabhali waseKarmele; ibe nguAbhasalom owesithathu, owayezelwe
nguMahaka intombi kaTalemayi ukumkani waseGeshuri;

4kulandele owesine uAdoniya, ezalwa nguHagiti; kuze owesihlanu uShefatiya,
ezalwa nguAbhitali;

5kugqibele owesithandathu uItram, owazalwa nguEgla umka-Davide. Ngabo
abo ke oonyana uDavide awabazala eHebron.

UAbhinere ungenelela kuDavide

6Ngexesha kuliwayo yile mizi mibini, okaSawule nokaDavide, kwicala
likaSawule uAbhinere wayezandisela iwonga.

7Ke kaloku uSawule wayenenkazana enguRizpa intombi ka-Aya, kwaza
ngenye imini unyana kaSawule uIshbhoshete wathi kuAbhinere: “Yini na
ukuba ulale nenkazana kabawo?”

8Wangcangcazela ngumsindo uAbhinere ngenxa yala mazwi kaIshbhoshete,
waza wathi: “Hi, mfondini, undenza inja kwaJuda! Uthi ingandim ojikela
uSawule ngasemva? Unanamhla oku umzi kaSawule, uyihlo, ndisathembekile
kuwo, kubantakwabo, nakumahlakani akhe; andikawungcatshi kuDavide,
kodwa naku wena namhla undityhola ngomntu obhinqileyo!

9Inene, makandohlwaye uThixo, nokuba kuqatha kangakanani na, ukuba
andimncedisi uDavide ekuzuzeni izinto ezathenjiswa nguNdikhoyo kuye!

10Ndiza kumncedisa ukuhlutha ulawulo kwindlu kaSawule, kungene uDavide
esihlalweni, alawule kwaSirayeli nakwaJuda, ukususela kwaDan kuse
eBheshebha.”

11Akabuyanga awuvule owakhe umlomo uIshbhoshete, kuba wayemoyika
uAbhinere.

12UAbhinere wathumela izigidimi kuDavide ukumthethela, esithi: “Hi bethu,
ngaba lelikabani na eli lizwe? Ukuba thina sithe senza imvumelwano,
ndokunceda, amaSirayeli onke ndiwagayele kwicala lakho.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13UDavide wathi: “Kulungile, kodwa ndosenza nawe isivumelwano kuphela ngaphantsi kwalo mqathango: kufuneka uze apha kum noMikali intombi kaSawule.”

14Emva koko uDavide uthumele isigidimi kuIshbhoshete unyana kaSawule, wathi: “Ndikhululele umkam endamlobola ngamajwabu amaFilistiya alikhulu. ”

15UIshbhoshete wathi makaye kulandwa uMikali kwaPaltiyeli unyana kaLayishe, umyeni wakhe wesibini.

16Suka uPaltiyeli walandela umfazi, ehamba elila njalo ukuya kutsho eBhawurim. Wathi kuye uAbhinere: “Jika! Uya phi?” Wajika wagoduka uPaltiyeli.

17Ke kaloku uAbhinere wabhekisa kumadoda amakhulu akwaSirayeli, wathi: “Kudala ninqwenela ukulawulwa nguDavide.

18Nali ke ngoku elo thuba. Ze nikhumbule ukuba nguNdikhoyo owathi kuDavide: ‘Sisicaka sam uDavide endiya kukhulula abantu bam amaSirayeli ngaso kumaFilistiya nakuzo zonke iintshaba zabo.’ ”

19Waya nakwaBhenjamin uAbhinere, wawubhekisa nakubo lo mlomo. Usuke apho waya kuDavide eHebron, wamchazela ngeembono zabantu bakwaBhenjamin nabakwaSirayeli.

20Kwathi akuya eHebron uAbhinere, ehamba namashumi amabini amadoda, beye kuDavide, bafika behlinzekelwe.

21UAbhinere wathi kuDavide: “Sendikulungele ukuwagayela ngakwicala lakho onke amaSirayeli, mhlekazi, khon' ukuze uvumelane nawo, ube ngukumkani wawo, ulawule phezu kwako konke obe ukade ukunqwenela.” UDavide ke wamndulula uAbhinere, wahamba ngoxolo.

Ukugwintwa kuka-Abhinere

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

22Emva koko kwafika amadoda kaDavide, ehamba noJowabhi, evela kunqoloba, eze namaxhoba amaninzi. Wayeselemkile eHebron uAbhinere emva kokundululwa kwakhe ngoxolo nguDavide.

23Akufika uJowabhi, kunye nomkhosi awayehamba nawo, waxelelwa kwathiwa: “UAbhinere ebeze kubona ukumkani, yaye ukumkani umndulule ngoxolo.”

24UJowabhi wasuka waya kukumkani, wafika wathi: “Yintoni le uyenzileyo? Uyabona, uAbhinere ebeze kuwe! Kutheni le nto umyekileyo ahambe? Ngoku umkile!

25Wazi kakuhle ukuba uAbhinere into kaNere ebeze kukukhohlisa; ubeze kugqala le nto uqamele ngayo nayo yonke enye into oyenzayo.”

26Uthe uJowabhi ukusuka kwakhe kuDavide wathuma amadoda, esithi makaye kulanda uAbhinere. Amlanda ke kwelaa qula laseSira. Wayengazi nto kambe uDavide ngalo mbandela.

27Ukufika kwakhe eHebron uAbhinere, uJowabhi wambizela bucala ngasesangweni, ngokungathi uza kuthetha naye ngasese. Bathe beselapho suka uJowabhi wamhlaba uAbhinere esiswini, wafa. Waba ke njalo uJowabhi uyaliphindezela igazi lomntakwabo uAsayeli owabulawa nguAbhinere.

28Luthe lakufika ezindlebeni zikaDavide udaba lokugwintwa kuka-Abhinere, wavakala esithi: “Mna kunye nabantu abaphantsi kwam simsulwa kubugebenga obenziwe kuAbhinere unyana kaNere, nkqu uNdikhoyo uyayazi loo nto.

29Isiqalekiso sale ntlekele masihlele uJowabhi nomzi wakowabo. Makusoloko kukho umntu onegcushuwa, iqhenqa, osimelela ngenduku, okanye owa edabini, nesilambi.”

30Kwaba njalo ke ukuphindezela ukufa kuka-Asayeli edabini laseGibheyon. Kwaphindezelwa nguJowabhi kunye nomntakwabo uAbhishayi.

Ukungcwatywa kuka-Abhinere

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

31Emva koko uDavide wathi kuJowabhi kwakunye nabantu bonke ababenaye:
“Zikrazuleni izambatho zenu, ninxibe amarhonya, nimzilele uAbhinere.”
Kumngcelele womngcwabo ukumkani uDavide ngenkqu wayelandela idlaka.

32Wangcwatyelwa eHebron uAbhinere. Ukumkani walila ezimathontsi apho
engcwabeni lika-Abhinere, batsho bonke abantu balila nabo.

33Kuloo mngcwabo ka-Abhinere ukumkani uDavide wavuma ingoma yesililo
ethi: “Yini na ukuwa njengesidenge, Abhinere?

34Izandla zakho bezingabotshwanga; iinyawo zakho bezingaqanyangelwanga.
Kum ingathi uwiswe bubugwinta bamatshijolo.” Baqala emva ukugixa
abantu.

35Bonke abantu babemcenga yonke loo mini uDavide, ukuba kubekho into
ayityayo, kodwa uDavide wafunga esithi: “Makandohlwaye uThixo, nokuba
kuqatha kangakanani na, ukuba ndithe, lingekatshoni ilanga, ndangcamla
isonka nokuba yiyiphi na enye into etyiwayo.”

36Abantu baba nomgqalisela ngale nto, yabakholisa; ewe, yonke into
awayenzayo ukumkani yabakholisa.

37Kwacaca ngaloo mini kumaSirayeli ephela ukuba ukumkani wayengazani
konke nokufa kuka-Abhinere unyana kaNere.

38Wavakala ukumkani ebhekisa kumaphakathi akhe esithi: “Niyaqonda phofu
ukuba yinkokheli kwanengangalala le iwileyo namhlanje kwaSirayeli?

39Ndiziva ndityhafile mna namhlanje, ngoku kanye ndingukumkani
othanjisiweyo. Aba bafo bangoonyana bakaZeruya baziindlongo-ndlongo,
mna bayandixaka. Akwaba uNdikhoyo angamohlwaya umenzi wobubi
ngendlela emfaneleyo.”

2 Kasamweli 4

Ukugwintwa kukaIshbhoshete

1Unyana kaSawule uIshbhoshete waphelelwa ngamandla zakufika iindaba
zokuba uAbhinere ufele eHebron, othuka kakhulu namaSirayeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Ke kaloku uIshbhoshete wayenabafo ababini abaziinkokheli zabanqolobi. Ayezizinto zikaRimon wesizwe sakwaBhenjamin eBheroti. Amagama abo bafo yayinguBhana noRekabhi. IBheroti le ibalelwa kwaBhenjamin.

3Abemi balapho basabela eGitayim, apho bahlala khona kude kube ngoku bengabangeneleli.

4UJonatan unyana kaSawule wayenonyana osisiqhwala kwiinyawo zombini. Wayeminyaka mihlanu ukufa kukayise-mkhulu uSawule noJonatan uyise. Kwathi ukufika kodaba lokufa kwabo, luvela eYizereli, yothuka yamfunqula ibaleka ineni yakhe, waphuncuka wawa, kuba kaloku yayingxamile. Waba sisiqhwala ke loo mntwana. Igama lakhe lalinguMefibhoshete.

5Basuka ke uRekabhi noBhana oonyana bakaRimon waseBheroti, benjenjeya ukuya kwaIshbhoshete, bafika khona emini emaqanda, ngexesha esangqengqile, ephumle ngokwesiqhelo sakhe emini ngelo xesha.

6OoRekabhi noBhana bangena endlwini phakathi ngokungathi beze nengqolowa, basuka bamhlaba esiswini, baza basaba.

7Kaloku bathi ngqo ngomandlalo kaIshbhoshete, bafika bamgwaza bamosela esalele njalo. Bamnqumla intloko, bahamba nayo ubusuku bonke, batyhutyha loo ntili yaseJordan.

8Bafika eHebron, loo ntloko bayisa kukumkani uDavide, bathi: “Mhlekazi, nantsi intloko kaIshbhoshete unyana walaa mchasi wakho uSawule ubekade ezungula ubomi bakho. Namhlanje uNdikhoyo, mhlekazi, ukuvulele ukuba ubuyise izitya nawe kwinzala kaSawule.”

9UDavide wabaphendula uRekabhi nomntakwabo uBhana oonyana bakaRimon waseBheroti, wathi: “Ekho nje uNdikhoyo obekade endikhulula kuzo zonke iingxingwa, inene,

© 1996 Bible Society of South Africa.

10kwafika umfo kum eZikelage eze kundixelela ukuba uSawule ufile. Ndamthi ntlithi ndamosela loo mfo. Naxa wayeba undizela neendaba ezimnandi, yaba kukufa umvuzo wakhe.

11Kubeka phi ke xa amatshijolo anjengani aba aphalaza igazi lomntu ongenatyala emandlalweni wakhe ekhayeni lakhe? Nithi ke mandingaliphindezeli elo gazi, ndinicim' igama ehlabathini?”

12Wathi uDavide abafana mabababulale abo bafo. Benjenjalo ke, babanqumla iinyawo nezandla, babaxhoma ngasedamini lamanzi eHebron. Intloko kaIshbhoshete yona bayithatha, bayifaka engcwabeni lika-Abhinere apho eHebron.

2 Kasamweli 5

UDavide ulawula kwaSirayeli

(1 Gan 11:1-9; 14:1-7)

1Ke kaloku izizwe zakwaSirayeli zonke zahlanganisana kuDavide eHebron, zathi: “Mhlekazi, siyazalana; sikwaligazi lakho.

2Phambili phaya, ngokuya uSawule ebesengukumkani, amaSirayeli ayekhokelwa nguwe xa aya emfazweni. UNdikhoyo wathi kuwe: ‘Wena uya kuba ngumalusi wabantu bam amaSirayeli, ube ngumlawuli wabo.’ ”

3Aya kufika ke onke amadoda amakhulu akwaSirayeli kukumkani uDavide eHebron, waza ukumkani wanqophisana nawo phaya eHebron phambi koNdikhoyo, aza ke amthambisa uDavide waba ngukumkani wamaSirayeli.

4Ukuqala kwakhe ukulawula uDavide wayemashumi mathathu ubudala. Ulawule iminyaka engamashumi amane.

5Waba minyaka isixhenxe neenyanga ezintandathu ephethe kwaJuda, ehlala eHebron. Waphatha kwaSirayeli nakwaJuda ehlala eJerusalem iminyaka engamashumi mathathu anantathu.

6Ke kaloku ukumkani uDavide wanduluka nomkhosi wakhe ukuya kuhlasela amaJebhusi awayemi eJerusalem. AmaJebhusi athi kuDavide: “Akunakuze

© 1996 Bible Society of South Africa.

ungene apha wena! Kwaiimfama neziqhwala ezi zingakujika!” Kaloku ayesithi: “UDavide akangeke abe nako ukutyhoboza.”

7Kambe ke uDavide wasuka wayithimba inqaba iZiyon, isixeko sikaDavide.

8Wavakala esithi uDavide ngaloo mini: “Ukuba kukho umntu ozimisele ukuwoyisa la maJebhusi aziintshaba zam makanyuke ngalaa msele wamanzi ungaphantsi komhlaba, aye kubulala eziya ‘ziqhwala neemfama’!” (Savela apho isaci esithi: “Iimfama neziqhwala azinakungena endlwini kaNdikhoyo.”)

9Waya kuhlala apho ke kuloo nqaba uDavide, waza wayibiza ngokuba sisixeko sikaDavide. Wakha isixeko sayijikeleza, esiza nganeno ukusukela kungqameko.

10Waya esomelela ngokomelela, kuba kaloku uNdikhoyo uThixo onamandla onke wayenaye.

11Ukumkani uHiram waseTire wathumela izigidimi kuDavide, ziphethe izibonda zomsedare, zihamba nabachweli kunye neengcibi zamatye, zaza zamakhela ibhotwe uDavide.

12Ke uDavide waqonda ukuba uNdikhoyo umzinzisile wangukumkani kwaSirayeli, eqonda nokuba uNdikhoyo ulawulo lwakhe uluphakamisile ngenxa yabantu bakhe amaSirayeli.

13Ukufika kwakhe eJerusalem, evela eHebron, uDavide waphinda wathatha abanye abafazi namaqadi, waza ke wazala abanye oonyana neentombi.

14Nanga amagama abantwana bakhe abazalelwe eJerusalem: nguShamuwa, uShobhabhi, uNatan, uSolomon,

15uIbhare, uElishuwa, noNifege, noYafiya,

16uElishama, noEliyada, kunye noElifelete.

Ukoyiswa kwamaFilistiya nguDavide

(1 Gan 14:8-17)

© 1996 Bible Society of South Africa.

17Zakuvakala kumaFilistiya iindaba zokuba uDavide uthanjiswe waba
ngukumkani wakwaSirayeli, akhupha umkhosi wawo, emfuna. Uthe akuyiva
loo nto uDavide wemka waya kuhlala kwindawo eyinqaba.

18Afika ke amaFilistiya, ema kwintili yamaRafa,

19waza uDavide wabuzisa kuNdikhoyo wathi: “Kufuneka ndiwahlasele na
amaFilistiya? Ngaba uza kuwanikela esandleni sam na?” UNdikhoyo wathi
kuDavide: “Ewe, wahlasele; inene, ndowanikela esandleni sakho
amaFilistiya.”

20Wasuka ke uDavide, wenjenjeya ukuya eBhali-perazim, apho wafika
wawoyisa amaFilistiya. Wavakala esithi: “Njengokutyhoboza kwamanzi
uNdikhoyo wenjenjalo ukuzikhukulisa iintshaba zam ngaphambi kwam.”
Ngoko ke loo ndawo kwathiwa yiBhali-perazim.

21Ke kaloku amaFilistiya azishiya apho izithixo zawo, bazithatha ooDavide
bemka nazo.

22AmaFilistiya aphinda enyuka aya kulaa ntili yamaRafa, ema kuyo,

23waza uDavide wabuzisa kuNdikhoyo kwakhona, ke yena uNdikhoyo wathi
kuye: “Sukuya ngqo kuwo, koko warhawule, uwahlasele uvela ngasemva
kwawo phaya ngakwimithi yebhalsam.

24Uze uthi nje ukuba uve isingqisho phaya kwiincopho zemithi yebhalsam,
uphume ngokukhawuleza, kuba yoba ngumqondiso wokuba uNdikhoyo
uhamba phambi kwakho, uza kuwuqwakanisa umkhosi wamaFilistiya.”

25UDavide ke wenza ngokomyalelo kaNdikhoyo, wawuvuthulula umkhosi
wamaFilistiya ukusuka eGebha kuye kutsho eGezere.

2 Kasamweli 6

Ukulandwa kwetyesi yomnqophiso

(1 Gan 13:1-14; 15:25 – 16:6,43)

1Ke kaloku uDavide waphinda wabiza awona magorha omkhosi
wakwaSirayeli, amashumi amathathu amawaka ewonke,

© 1996 Bible Society of South Africa.

2waya nawo eBhali kwaJuda ukuya kulanda khona ityesi yomnqophiso
kaThixo, enegama likaNdikhoyo onamandla onke, ongqendeve phezu
kwemifanekiso yezithunywa ezimaphiko.

3Baya kwa-Abhinadabhi, omzi wawumi phezu kwentaba, bafika bayithatha
bayilayisha enqwelweni entsha. Loo nqwelo yayiqhutywa ngooUza noAhiyo,
oonyana baka-Abhinadabhi.

4Ewe, ityesi yomnqophiso kaThixo bayithatha kwindlu ka-Abhinadabhi
ephezu kwentaba, bahamba nayo uAhiyo ekhokele.

5Babesombela, bexhentsa, bemathontsi ooDavide kunye namaSirayeli onke,
bedumisa uNdikhoyo. Kwakubethwa iihapu neekatala, kuduma amagubu,
kukhenkceza iintsimbi namacangci.

6Bathi bakufika ngasesandeni sakwaNakon, zakhubeka iinkabi, waza u-Uza
wabamba ityesi kaThixo eyixhasa.

7Wavutha umsindo kaNdikhoyo ngaku-Uza ngenxa yeso senzo sakhe
sokungahloniphi. Ke uThixo wambetha u-Uza wafela apho ngakuloo tyesi
kaThixo.

8Wakhathazeka uDavide, kuba umsindo kaNdikhoyo utyhobozele ku-Uza. Loo
ndawo ke kuthiwa yiPereze-uza ukubizwa kwayo unanamhla.

9Wangenwa kukumoyika uNdikhoyo ngaloo mini uDavide, wathi: “Yaz'ba
ingeza njani na kum ityesi kaNdikhoyo?”

10Akavumanga ke uDavide ukuba sayisa kwakhe kwisixeko sikaDavide ityesi
kaNdikhoyo, suka wayijika wayisa endlwini kaObhedi-edom umGati.

11Yahlala apho iinyanga zantathu; uNdikhoyo wamthamsanqela uObhedi-
edom nomzi wakhe wonke.

12Waxelelwa ukumkani uDavide kwathiwa: “Uwusikelele uNdikhoyo umzi
kaObhedi-edom, nezinto zonke anazo, ngenxa yokugcina kwakhe ityesi
kaThixo.” Waya kuyilanda ngemincili apho endlwini kaObhedi-edom ke
uDavide ityesi kaThixo, wayisa esixekweni sikaDavide.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Kwakusithiwa loo madoda ayeyithwele ityesi kaNdikhoyo ehambe nje iinyawo zantandathu, uDavide athi makumiwe, enzele uNdikhoyo idini ngenkunzi yenkomo nangethole elityebileyo.

14Wayexhentsa ngamandla phambi koNdikhoyo uDavide, ethe thande nje kuphela isidanga selinen esinqeni.

15Yada yaya kungena eJerusalem ityesi kaNdikhoyo, uDavide namaSirayeli betsho ngentsholo lihlombe, kukhala nezigodlo.

16Ekungeneni kwabo netyesi kaNdikhoyo esixekweni sikaDavide, uMikali, intombi kaSawule, wayebukele ekrobe ngefestile. Wathi ke, akubona ukumkani uDavide exhentsa etyityimba phambi koNdikhoyo, yamtsho wamcekisa entliziyweni yakhe loo nto.

17Bahamba nayo ityesi kaNdikhoyo, baya kuyifaka endaweni yayo kwintente eyenzelwe yona nguDavide. Emva koko ke uDavide wamenzela uNdikhoyo amadini atshiswayo nawobudlelwane.

18Uthe akugqiba ukwenza loo madini atshiswayo nawobudlelwane uDavide wacelela abantu amathamsanqa kuNdikhoyo onamandla onke.

19Emva koko ke wonke umSirayeli, indoda nomfazi, wamnika iqebengwana lesonka, nesuntswana leedatile neleerasentyisi. Kwagodukwa ngumntu wonke.

20Uthe akufika ekhaya uDavide, ezimisele ukusikelela indlu yakhe,umkakhe uMikali intombi kaSawule wamhlangabeza, wathi: “Ngxatsho ke, kumkani wamaSirayeli! Yini, wethu, awabi nazintloni ukuhamba ze nangaphambi kwezicakazana zamaphakathi akho? Ubunjengendlavini, yona ihamba izihluba nje naphi na!”

21UDavide waphendula wathi kuMikali: “Mna into ebendiyenza bendidumisa uNdikhoyo ngokuya bendixhentsa, lo ndityunjwe nguye ukuba ndikhokele amaSirayeli endaweni kayihlo kunye nendlu yakhe. Ndiya kumdumisa uNdikhoyo,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22yaye ndizimisele ukuqhubela phambili ukuba ngothobekileyo. Ungandidela
wena, kodwa zona ezaa zicakazana zamantombazana zindihloniphile.”

23Intombi kaSawule uMikali ayizange ibe nanzala de kwayimini yokufa
kwayo.

2 Kasamweli 7

Isithembiso sikaThixo kuDavide

(1 Gan 17:1-15)

1Akuba ukumkani ezinzile kwikomkhulu lakhe, noNdikhoyo emnike
ukuphumla kuzo zonke iintshaba ezimnqongileyo,

2wathetha nomshumayeli uNatan wathi: “Khangela, mna ndihlala kwibhotwe
elakhiwe ngamaplanga omsedare, ukanti yona ityesi kaThixo ihlala nje
ententeni!”

3UNatan wathi kukumkani: “Nantoni na oyicingayo qhubela phambili uyenze,
kuba uNdikhoyo unawe.”

4Ngobo busuku ke lafika kuNatan ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

5“Hamba, uye kuxelela isicaka sam uDavide uthi: ‘Utsho uNdikhoyo ukuthi:
Ngaba iya kuba nguwe na ondakhela indlu endiya kuhlala kuyo?

6Ukususela mhla ndawakhupha eJiputa amaSirayeli, kude kube namhlanje,
andizange ndihlale endlwini; bendisoloko ndihamba-hamba ndihlala
ententeni, nditsho kanye umnquba.

7Oko ndajikeleza ndihamba namaSirayeli, andizange ndikhalaze kwiinkokheli
endaziyalela ukuba zaluse abantu bam, andizange ndizibuze ndithi: Ngani
ukuba ningandakheli indlu yomsedare?’

8“Ke ngoko yithi kuDavide isicaka sam: ‘Utsho uNdikhoyo onamandla onke
ukuthi: Wena Davide ndakuthatha emadlelweni ekwaluseni iigusha,
ndakwenza umlawuli wabantu bam amaSirayeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Ndakukhapha kwiindawo zonke owawuhamba kuzo, ndazisusa zonke
iintshaba zakho phambi kwakho. Ngoko ke ngoku igama lakho ndiza kulenza
lidume lifane nelabakhulu emhlabeni.

10Abantu bam amaSirayeli ndobabonela indawo abaza kuma kuyo,
ndibazinzise, babe nendawo yabo, bangabuye babandezelwe nanini na.
Abantu abakhohlakeleyo abayi kuba sabacinezela njengoko bebesenjenjalo
ngaphambili,

11ukusukela kwimihla endabamisela abantu bam amaSirayeli iinkokheli.
Ndiza kukwenza uphumle kuzo zonke iintshaba zakho. “ ‘UNdikhoyo utsho
kuwe ukuthi nguye ngokwakhe oya kuyizinzisa indlu yakho.

12Yakuphela imihla yakho, xa sewuye kuphumla kooyihlo, ndokuvusela
ihlumelo, lithathe isikhundla sakho. Ewe, nditsho omnye woonyana bakho
oyinyama negazi lakho. Ndiya kuluzinzisa ulawulo lwakhe.

13Nguye ke oya kulakhela indlu igama lam, ndiluzinzise ulawulo lombuso
wakhe ngonaphakade.

14Mna ndiya kuba nguyise kuye, yena abe ngunyana wam, xa onile abantu
ndiya kubenza intonga endimohlwaya ngabo nemivumbo endimbetha ngabo.

15Inceba yam ayisayi kuze ishenxe kuye njengokuba ndênjenjalo kuSawule
endamsusa esihlalweni ukuze kungene wena.

16Indlu yakho ndiya kuyizinzisa, ubukumkani bakho buhlale buhleli, ulawulo
lwakho luhlale ngonaphakade.’ ”

17Ke uNatan waya kuxelela uDavide onke amazwi alo mbono.

Umthandazo kaDavide
(1 Gan 17:16-27)

18Ke kaloku ukumkani uDavide wangena waya kuhlala phambi koNdikhoyo,
waza wathi: “Kuxa ndingubani mna, Nkosi yam Ndikhoyo? Iyintoni yona
indlu yam, ukuba ude uze kundibeka kule ndawo ndikuyo ngoku?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Kanti ke akwanelanga ukwenjenjalo kuphela, Nkosi yam Ndikhoyo: ngoku uthetha nangekamva lendlu yesicaka sakho. Ngaba le yindlela yakho omphatha ngayo umntu, Nkosi yam Ndikhoyo?

20“Mandithini, mna Davide, ukuthetha nawe, Nkosi yam Ndikhoyo? Kaloku uyabazi ubunjani besicaka sakho.

21Ngenxa yelizwi lakho nangokokuthanda kwakho wenze le nto inkulu kangaka, ngenxa yesithembiso nobubele bakho, waza wayazisa kwisicaka sakho.

22“Yiyo ke loo nto ndithi umkhulu, wena Ndikhoyo Nkosi yam. Akukho onjengawe, kungekho naThixo ngaphandle kwakho, njengoko sazivelayo ngezi zethu iindlebe.

23Ngoobani abanjengabantu bakho amaSirayeli? Kaloku wona asisizwe ekukuphela kwaso ehlabathini esiThixo waso waphumayo waya kuzikhululela abantu bakhe, ukuze azenzele igama ngezigigaba ezimangalisayo, xa wawuqwakanisa izizwe uzigxotha kunye noothixo bazo, khon' ukuze endaweni yazo kungene abantu owabakhulula kwelaseJiputa.

24Ubazinzisile abantu bakho amaSirayeli, wabenza bangabakho ncakasana ngonaphakade. Wena ke, Ndikhoyo, waba nguThixo wabo.

25“Ngoku ke, Thixo Ndikhoyo, isithembiso osenzileyo ngokuphathelele kwisicaka sakho kunye nendlu yaso mawusigcine ngonaphakade. Yenza ngokwesithembiso sakho

26ukuze igama lakho libalasele ngonaphakade. Nabantu ke botsho bathi: ‘UNdikhoyo onamandla onke nguThixo kaSirayeli.’ Nendlu yesicaka sakho uDavide ke iya kuzinza phambi kwakho.

27“Nguwe kaloku, Ndikhoyo onamandla onke, Thixo wakwaSirayeli, ondityhilele ezi zinto mna sicaka sakho. Nguwe othe: ‘Indlu yakho ndiza kuyakha.’ Yiyo ke loo nto isicaka sakho sibe nobuganga bokwenza kuwe lo mthandazo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

28Nkosi yam Ndikhoyo, wena unguThixo, yaye amazwi akho athembekile.
Isicaka sakho usenzele esi sithembiso sihle kangakanana.

29Ndiyakubongoza ke, yithamsanqele indlu yesicaka sakho, ize ihlale
ikukhonza njalo. Kaloku, Ndikhoyo, Nkosi yam, kutsho wena ukuba indlu
yesicaka sakho uya kuhlala uyithamsanqela ngonaphakade."

2 Kasamweli 8

Uloyiso lukaDavide ezimfazweni

(1 Gan 18:1-17)

1Ke kaloku ekuhambeni kwexesha uDavide wawahlasela amaFilistiya,
wawoyisa, wabuhlutha ubukhosi esandleni sawo.

2Ngokunjalo wawoyisa namaMowabhi. Uwalalise phantsi emhlabeni,
wathatha intambo, wawalinganisa ngayo, isibini sobude bawo wasibulala, ke
sona esesithathu sisonke wasiyeka saphila. AmaMowabhi aba phantsi
kukaDavide ke, amnika imirhumo.

3Kananjalo uDavide walwa nokumkani waseZobha uHadadizere unyana
kaRehobhi, xa kanye wayezama ukubuyisela ulawulo lwakhe kummandla
womlambo iEfrati.

4UDavide wathimba iwaka leenqwelo zakhe, kunye namawaka asixhenxe
abakhweli-mahashe, ngokunjalo namashumi amabini amawaka amajoni
ahamba ngeenyawo. Amahashe ke wawanqumla imisipha, washiya amahashe
eenqwelo alikhulu.

5Athe ke ama-Aram aseDamasko akuzama ukuncedisa uHadadizere ukumkani
waseZobha, wasuka uDavide wabulala amashumi amabini anambini
amawaka awo.

6Wasuka ke wabeka amabutho akhe kuwo wonke umbuso wama-Aram
aseDamasko, ahlala ephantsi kwakhe, akhupha imirhumo kuye. UDavide
wanikwa uloyiso nguNdikhoyo konke apho ahamba khona.

7UDavide wawahlutha amakhaka egolide awayengawamaphakathi
kaHadadizere, waya nawo eJerusalem.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Kwiidolophu zikaHadadizere iTebha neBherotayi ukumkani uDavide
wathimba intaphane yobhedu.

9Zaya kutsho naseHamati kukumkani uToyi iindaba zokoyiswa komkhosi
kaHadadizere nguDavide.

10Wandulula unyana wakhe uYoram ukuba ase imibuliso yakhe kukumkani
uDavide, avuyisane naye ngokoyisa kwakhe uHadadizere owalwa kaninzi-
ninzi nokumkani uToyi. UYoram waphathela uDavide izipho ezenziwe
ngegolide nangesiliva nangobhedu.

11Ezo zipho uDavide wazinikezela kuNdikhoyo, kwanjengoko wenjenjalo
nangesiliva negolide awayeyithimbe kwizizwe zonke azoyisileyo:

12ama-Aram, amaMowabhi, ama-Amon, amaFilistiya, kunye nama-Amaleki.
Wanikezela nangamaxhoba awawathimba kukumkani waseZobha
uHadadizere unyana kaRehobhi.

13UDavide wazenzela igama ukubuya kwakhe emva kokubulala ishumi
elinesibhozo lamawaka amaEdom kwiNtlambo yeTyiwa.

14Wamisa amabutho akhe kulo lonke elase-Edom, aza amaEdom aba phantsi
koDavide. UNdikhoyo wamnika uloyiso uDavide konke apho ahamba khona.

Amagosa kaDavide

15Ke kaloku uDavide walawula uSirayeli ewonke jikelele, ebaphethe kakuhle
nangobulungisa bonke abantu bakhe.

16UJowabhi, unyana kaZeruya, wayeyinjengele yomkhosi, uYoshafati, unyana
ka-Ahilude, engumthathi-manqaku.

17Ke yena uZadoki, unyana ka-Ahitubhi, noAhimeleki, unyana ka-Abhiyatare,
babengababingeleli, uSeraya yena engunobhala.

18UBhenaya, unyana kaJoyada, wayongamele abalindi abangamaKreti
namaPleti. Ke bona oonyana bakaDavide bengabacebisi bakakumkani.

2 Kasamweli 9

UDavide noMefibhoshete

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1UDavide wathi: “Ngaba akusekho nampunde na iseleyo kumzi kaSawule?
Ndifuna ukuyenzela inceba ngenxa kaJonatan. ”

2Kwakukho isicaka sakwaSawule apho, uZibha igama. Kwathiwa masiye
phambi kokumkani. Wasibuza ukumkani sakufika wathi: “UnguZibha wena?”
Saphendula sathi: “Ewe, ndinguye umkhonzi wakho.”

3Uqhube wathi ukumkani: “Ngaba kusekho impunde ekhoyo endlwini
kaSawule? Ndifuna ukubonakalisa inceba kaThixo kuyo.” UZibha wathi
kukumkani: “Ewe, kusekho unyana kaJonatan; nto nje ulimele iinyawo
zombini. ”

4Ukumkani wathi kuye: “Uphi apho akhoyo?” UZibha wathi kukumkani:
“Uhlala kwaMakire, unyana ka-Amiyeli, eLodebhare.”

5Ke ukumkani uDavide wamsusa uMefibhoshete endlwini kaMakire unyana
ka-Amiyeli eLodebhare.

6Akufika phambi kokumkani uDavide, uMefibhoshete unyana kaJonatan
unyana kaSawule wathi guqaqa ngobuso, wakhahlela kukumkani. UDavide
wathi: “Mefibhoshete!” Yena wathi: “Ndim, mna sicaka sakho.”

7Uthe kuye uDavide: “Uze ungoyiki. Ndifuna ukukwenzela inceba ngenxa
kayihlo uJonatan. Umhlaba kayihlo-mkhulu uSawule ndifuna ukuwubuyisela
kuwe, yaye ndifuna udle etafileni yam lonke ixesha.”

8Ubuye wakhahlela uMefibhoshete, wathi: “Mhlekazi, uyintoni na umkhonzi
wakho ukuba uthathe ingqalelo ngenja efileyo enjengam nje?”

9Ukumkani wabiza uZibha isicaka sikaSawule, wathi kuye: “Yonke into
yakwaSawule inkosi yakho ndiyinika umzukulwana wakhe uMefibhoshete.

10Nguwe ke kunye noonyana bakho nezicaka zakwakho abaza kusebenza
kulaa mhlaba wenkosi yakho uSawule, nilimele usapho lwakhe, nilondle
ngaloo ndlela. Yena ke uMefibhoshete, umzukulwana wenkosi yakho,
wohlala esitya isonka etafileni yam.” Wayeneshumi elinesihlanu loonyana
uZibha, kunye namashumi amabini ezicaka.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11UZibha wathi kukumkani: “Isicaka sakho siya kukwenza konke umhlekazi
inkosi yam asiyalela isicaka sakhe ukuba sikwenze.” Ke uMefibhoshete
wayesitya etafileni kaDavide ngokungathi ungomnye woonyana
bakakumkani.

12Wayenomntwana oyinkwenkwe uMefibhoshete, ogama linguMika. Bonke
abantu ababehlala kwaZibha baba zizicaka zikaMefibhoshete.

13Yena uMefibhoshete wayehlala eJerusalem, esitya njalo kwitafile
kakumkani. Wayelimele kuzo zombini iinyawo.

2 Kasamweli 10

UDavide woyisa ama-Amon

(1 Gan 19:1-19)

1Emva koko wafa ukumkani wama-Amon, kwaza ke esikhundleni sakhe
kwalawula uHanun unyana wakhe.

2Ke uDavide wathi: “Mandimenzele ububele uHanum unyana kaNahashe
njengoko wandenzelayo ububele uyise.” Wathuma izigidimi ke uDavide
ukuba ziye kukhuza ukumkani uHanum ngenxa kayise. Athe ke loo madoda
kaDavide akufika kwelama-Amon

3izikhulu zama-Amon zathi kuHanun inkosi yazo: “Ucinga ukuba ngaba
uDavide lo unika imbeko kuyihlo ngokuthumela la madoda kuwe, esithi eze
kukukhuza? Ayikho loo nto! La madoda ngoongcothoza; athunywe
nguDavide ukuza kuhlola esi sixeko ukuze akwazi ukusibhukuqa.”

4UHanun wasuka wawabamba loo madoda kaDavide, wawagugula iindevu
icala elinye, nezambatho zawo wazigumpula embindini kwaya kuthi xhaxhe
ezimpundwini, waza ke wawandulula.

5Uthe ke uDavide akuxelelwa ngoko kwenzekileyo, wathumela izigidimi,
zawahlangabeza loo madoda, kuba kaloku ayehlaziswe gqitha. Ukumkani
wathi: “Hlalani eJeriko, ningabuyi de zikhule iindevu.”

6Ke kaloku ama-Amon aqonda ukuba amkhubekisile uDavide, aza aya
kuqesha amashumi amabini amawaka amadoda omkhosi ahamba ngeenyawo

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

kuma-Aram kwimimandla yaseBhete-rehobhi naseZobha. Kukumkani waseMahaka aqesha iwaka lamadoda, laza ishumi elinambini lamawaka laqeshwa eTobhi.

7Akuyiva loo nto uDavide wakhupha uJowabhi nomkhosi wonke wamagorha.

8Ama-Amon aphuma akha uhlelo lokulwa ngasesangweni lesixeko. Ama-Aram aseZobha nawaseRehobhi, namadoda aseTobhi naseMaka, athi gingqi odwa phaya ethafeni.

9Ke kaloku uJowabhi wabona ukuba uphahlwe ngumkhosi ngaphambili nangasemva. Ngoko ke wakhetha awona mabutho aphambili kwaSirayeli, wawamisa ajongana nama-Aram.

10Elinye icandelo lomkhosi walinika umntakwabo uAbhishayi, waza wawahlela loo madoda ajongana nama-Amon.

11UJowabhi wathi: “Ukuba athe andongamela ama-Aram la, kofuneka uze kundihlangula; ukanti ke xa ethe akongamela ama-Amon, nam ndoza kukuhlangula.

12Uze uqine, silwe ngobukroti, ngenxa yabantu bethu, nangenxa yezixeko zikaThixo. UNdikhoyo uya kwenza oko kukholekileyo kuye.”

13UJowabhi namabutho akhe bafunza kuwo ama-Aram, aza wona abaleka.

14Athe ke ama-Amon akubona ama-Aram ebaleka, asuka nawo abaleka angena ngaphakathi esixekweni, esaba kuAbhishayi umntakwabo-Jowabhi. Ngoko ke uJowabhi wabuya ekulweni nama-Amon, waya eJerusalem nomkhosi wakhe.

15Akubona ukuba oyisiwe ngamaSirayeli, ama-Aram aphinda aqokelelana.

16Ukumkani uHadadizere wathi makulandwe ama-Aram angaphesheya komlambo iEfrati. Aya kuma eHelam, ekhokelwa nguShobhaki, injengele yomkhosi kakumkani uHadadizere.

© 1996 Bible Society of South Africa.

17Akuva olo daba uDavide wawuqokelela wonke umkhosi wakwaSirayeli,
wawela nawo umlambo iJordan, waya kutsho eHelam. Ama-Aram akha
uluhlu lokulwa noDavide, zaza zanqoza.

18Kambe ke ama-Aram aswantsuliswa ngamaSirayeli, waza uDavide wabulala
amakhulu asixhenxe amajoni eenqwelo, namashumi amane amawaka
amajoni akhwela amahashe. Wangxwelerhwa uShobhaki injengele yomkhosi
wawo, waza wafa.

19Zonke iikumkani ezaziphantsi kukaHadadizere zathi zakuqonda ukuba
ziyoyiswa ngamaSirayeli, zeza zenza uxolo namaSirayeli, zaba ngaphantsi
kwawo. Ukususela oko ama-Aram oyika ukuwanceda emfazweni ama-Amon.

2 Kasamweli 11

UDavide noBhashebha

1Kwathi ngentlako-hlaza ngexesha iikumkani zazidla ngokulwa iimfazwe
ngalo, uDavide wandulula uJowabhi kunye namaphakathi nawo wonke
umkhosi wakwaSirayeli. Bawachitha-chitha ama-Amon, basingqinga nesixeko
sawo iRabha. Ke yena uDavide wayeshiyeke eJerusalem.

2Ngamhla uthile, ukujika kwelanga, kwathi uDavide esahamba-hamba
kumgangatho ophezu kophahla lwebhotwe, esandula ukuvuka emandlalweni
wakhe, wabona umfazi ehlamba umzimba. Yaye iyinzwakazi kanobom leyo.

3Wathumela umntu uDavide, efuna ukuqonda ukuba wayengubani na loo
mfazi. Kwathiwa: “NguBhashebha, intombi kaEliyam. Ngumka-Uriya, umfo
waseHeti.”

4UDavide ke wathumela izigidimi ukuba zize naye. Waziswa ke kuye, waza
yena walala naye. Oku kwenzeka xa loo mfazi wayesandula ukuzihlambulula
emva kokuba sexesheni. Emva koko uBhashebha wabuyela emzini wakhe.

5Wamitha ke loo mfazi, waza wathumela kuDavide esithi: “Ndikhulelwe.”

6UDavide usuke wathumela umyalelo kuJowabhi, wathi: “Mthumele kum
apha u-Uriya umHeti.” Ke uJowabhi wamthumela kuDavide u-Uriya.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Akufika u-Uriya uDavide wambuza ngempilo kaJowabhi, nempilo yomkhosi,
nokuba imfazwe iqhuba njani na.

8Emva koko uDavide uthe ku-Uriya: “Hamba uye endlwini yakho, ukhe
uhlambe iinyawo.” Waphuma ke u-Uriya komkhulu, kwalandela isipho
esivela kukumkani, sasiwa kwakhe.

9Akazange agoduke yena u-Uriya; wasuka waya kulala phaya ngasesangweni
lakomkhulu kunye nezicaka zikakumkani.

10Waxelelwa uDavide kwathiwa: “U-Uriya akayanga emzini wakhe.” Waza
uDavide wathi ku-Uriya: “Ubuseluhambeni ithuba elide; kutheni ungayanga
kulala kwakho nje?”

11U-Uriya wathi kuDavide: “Ityesi yomnqophiso kunye namadoda omkhosi
akwaSirayeli nakwaJuda ahlala ezintenteni, kanti noJowabhi inkosi yam
kwakunye namaphakathi akho, mhlekazi, aphaya endle, ube wena usithi mna
mandigoduke nditye, ndisele, ndilale nomkam! Uhleli nje, inene, andisokuze
ndiyenze into enjalo, mhlekazi.”

12Uthe ke uDavide ku-Uriya: “Sewuhlala ke okwanamhlanje; ndiza
kukukhulula uhambe ngomso.” Wahlala ke apho eJerusalem ngaloo mhla u-
Uriya, nangomhla olandela lowo.

13UDavide wammema, waza watya wasela kunye naye, wamnxilisa. Kodwa
nangobo busuku akazange agoduke u-Uriya, suka yena waya kulala
kwindawo yakhe ngakwizicaka zakomkhulu.

14Kwakusasa ngengomso uDavide wabhalela uJowabhi incwadi, wayithumela
kwangoUriya.

15Udaba lwalusithi: “U-Uriya lowo uze umbeke ngaphambili emsini apho
lishushu idabi, nize nihlehle, aze yena angxwelerhwe afe.”

16Kwathi ke ekusingqingeni kwakhe isixeko uJowabhi, wambeka kwelona
cala linamagorha u-Uriya.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Waphuma umkhosi esixekweni, walwa nokaJowabhi. Apho kwawa iqela lamajoni omkhosi kaDavide, wafela apho naye u-Uriya umHeti.

18Emva koko uJowabhi wathumela ingxelo kuDavide malunga nemfazwe,

19wasiyalela isigidimi wathi: “Xa ugqibayo ukumbalisela ukumkani ngako konke okwenzeke edabini,

20ngahle abe nomsindo, akubuze athi: ‘Benisondelelani kangaka kwisixeko sotshaba lwethu? Beningaqondi na ukuba zinganidubula ngeentolo zazo zisithele ngodonga?

21Ngubani na owabulala uAbhimeleki unyana kaJerubhesheti ? Akafanga na eTebheze ngokugityiselwa ngumfazi ngelitye lokusila, emi ngaphezu kodonga.Benisondelelani kangaka kudonga lwesixeko?’ Uze ke uthi: ‘Nesicaka sakho u-Uriya umHeti ufile.’ ”

22Eso sigidimi ke saya kufika kuDavide, safika samxelela wonke loo myalelo kaJowabhi.

23Wenjenje loo mfo ukuthetha noDavide: “Mhlekazi, ziphumile iintshaba zethu esixekweni, saqubisana endle. Zithande ukusigqwesa, kodwa sazibetha zahlehla zaya kungena ngesango esixekweni.

24Zithe xa silapho ngasesangweni zasidubula ngeentolo zimi eludongeni, zawachana amanye amajoni akho, mhlekazi. Ngokunjalo nesicaka sakho u-Uriya umHeti ufile.”

25UDavide wathi kwisigidimi eso: “Uze uthi kuJowabhi: ‘Uzungavumi ukuba le nto ikutyhafise; kakade ikrele eli lidla kulo nakulowaa. Sihlasele ngamandla isixeko, usichithe.’ Uze utsho ke, umomeleze.”

26Ke umka-Uriya weva ngokusweleka komyeni wakhe, waza wamzilela.

27Lakudlula ixesha lenzila, uDavide wathi makaye kuthathwa, aze kuhlala ebhotwe, abe ngumkakhe. Wafika apho, wazala umntwana oyinkwenkwe. Kambe ke sona isenzo sikaDavide saba sibi emehlweni kaNdikhoyo.

2 Kasamweli 12

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

UNatan ukhalimela uDavide

1Ke kaloku uNdikhoyo wathumela uNatan kuDavide. Efikile kuDavide uNatan
wathi: “Mhlekazi, kwakha kwakho abafo ababini dolophini ithile. Omnye
umfo wayesisityebi, omnye elihlwempu.

2Isityebi eso sasifuye iinkomo neegusha ezininzi.

3Ihlwempu lona lalingenanto ngaphandle nje kwetakane legusha
elalilithengile. Walifuyela kwakhe lo mfo elo takane, londleka, likhulela
phakathi kwabantwana bakhe. Wayelifunza kokwakhe ukutya, aliseze
ngendebe yakhe, alisingathe. Lalifana nqwa nentombi yakhe kuye.

4Ngamini ithile laa mfo usisityebi wafikelwa lundwendwe. Ngenxa yomunyu
lo mfo akazange athande kulihlinzela undwendwe kweyakhe imfuyo. Usuke
waya kuthatha elaa takane lomfo olihlwempu, wenzela undwendwe lwakhe
ngalo isidlo.”

5UDavide wavutha ngumsindo ngakuloo ndoda akuyiva loo nto, waqokela
wenjenje, ebhekisa kuNatan: “Ehleni nje uNdikhoyo, inene, loo mntu wenze
into enjalo ufanelwe kukufa;

6yaye ufanelwe kukuhlawuliswa ixabiso lelo takane ngokuphindwe kane,
ngenxa yokuba enze ulunya olunje engenalo novelwano.”

7Ke uNatan wathi kuDavide: “Loo ndoda nguwe! Utsho uNdikhoyo uThixo
kaSirayeli ukuthi: ‘Ndakuthambisa, ndakwenza ukumkani wamaSirayeli,
ndakuhlangula esandleni sikaSawule.

8Ndakunika umzi wenkosi yakho, abafazi bayo ndabanikela esifubeni sakho,
ndakwenza ukumkani wakwaSirayeli nakwaJuda. Kanti ke ukuba
bezinganelanga ezo zinto ndakwenzela zona, bendingakongezayo.

9Khawutsho, ngani ukuba ulidele ilizwi likaNdikhoyo, khon' ukuze wenze
okubi emehlweni akhe? U-Uriya umHeti umbulele ngekrele, wathatha
umkakhe, wamenza umkakho. Ewe, umbulalise ngekrele lama-Amon.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Kungokunje ikrele alisobe liphele ukudla kulo mzi wakho, kuba undidelile
wada wathatha nomka-Uriya umHeti wamenza umfazi wakho.’

11Utsho ke uNdikhoyo ukuthi: ‘Ndiza kukuvusela isihelegu sento kwalapha
phakathi komzi wakho. Abafazi bakho ndiza kubanikela kosondeleyo kuwe,
alale nabo kujongiwe, ilanga lihlabe umhlaba.

12Le nto ubuyenza ngasese wena, mna ndifuna yenziwe emini, ibonwa
ngamaSirayeli onke.’ ”

13Ke uDavide wathi kuNatan: “Ewe, ndonile kuNdikhoyo.” Uthe kuDavide
uNatan: “UNdikhoyo usisusile isono sakho. Akuzi kufa.

14Kodwa ke, ngenxa yokuba iintshaba zikaNdikhoyo uzinike ithuba
lokunyelisa ngenxa yale nto uyenzileyo, loo mntwana wakho uza kufa.”

15Emva koko ke usuke wahamba uNatan, wagoduka.

Ukubhubha komntwana kaDavide

UNdikhoyo wamfaka isifo umntwana owamfumana ngomka-Uriya uDavide,
wagula kakhulu.

16UDavide usuke wacela ukuba amphilise uThixo, wazila ukutya, wangena
endlwini, waqungquluza emhlabeni bonke ubusuku.

17Amadoda amakhulu endlu yakhe aya kuye, efuna ukumvusa kuloo ndawo
wayelele kuyo, suka akavuma yena, akafuna nokutya oku kunye nawo.

18Wasweleka loo mntwana ngosuku lwesixhenxe, zoyika ukumxelela izicaka
zakhe ukuba loo mntwana akasekho, zatsho zisithi: “Singamxelela njani sithi:
‘Umntwana ufile’? Asinguye kanene lo ubengafuni nokuthetha oku nathi
engekabhubhi nokubhubha lo mntwana? He bethu, akangesuke enze into
embi efile nje umntwana?”

19Kodwa kuthe akuzibona zisebezelana izicaka, warhana uDavide ukuba
lubhubhile olo sana. Uzibuzile ke wathi: “Kwenzeke ntoni? Ufile na
umntwana?” “Ewe, mhlekazi, ubhubhile,” zitshilo izicaka.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

20Wavuka ke emhlabeni uDavide, wahlamba. Wathambisa, wanxiba ezinye izambatho, waya kungena endlwini kaNdikhoyo, wanqula. Usuke apho waya endlwini yakhe, wafika wacela into etyiwayo, watya akuba elungiselelwe.

21Izicaka zakhe zathi: “Mhlekazi, noko ke le uyenzayo asisayiqondi. Ube uzilile, ulila, uyenza loo nto usana lungekabhubhi. Ngoku luswelekileyo usana uyavuka utye nokutya!”

22Uphendule wathi: “Ewe, bendizila, ndilila ngokuya belusahleli usana, kuba bendisithi: ‘Ngubani owaziyo? Mhlawumbi uNdikhoyo angandenzela inceba, luphile olo sana.’

23Ngoku ke usana lubhubhile; ke ndiza kuba sazilela ntoni ndingenakuluvusa nje? Ndim oza kuya apho lukhoyo; lona alunakuze luze kum.”

Ukuvela kukaSolomon

24Emva koko uDavide waya kuthuthuzela umkakhe uBhashebha, walala naye. Wazala umntwana oyinkwenkwe, wathi igama lakhe nguSolomon. Wayithanda loo nkwenkwana uNdikhoyo,

25waza wathumela umshumayeli uNatan ukuba aye kuthi igama layo nguYedidiya ngenxa yokuthandwa kwayo nguNdikhoyo.

Ukuthinjwa kweRabha nguDavide
(1 Gan 20:1-3)

26Ke kaloku uJowabhi wahlasela iRabha, ikomkhulu lama-Amon, wathimba umzi wakomkhulu.

27Emva koko uthumele izigidimi ukuba ziye kwazisa uDavide zithi: “Ndiyihlasele iRabha, ndawathimba namadama ayo anqatyisiweyo.

28Ngoku ke ukumkani kufuneka ahlanganise umkhosi, aze kusithatha isixeko, hleze ibe ndim osithimbayo, sibe sesam.”

29Wathatha wonke umkhosi wakhe ke uDavide, waya eRabha, wayihlasela, wayithimba.

30UDavide wasothula isithsaba esasisentloko yokumkani wama-Amon. Sasibunzima bumalunga namashumi amathathu anantlanu

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

eekhilogram, senziwe ngegolide, sihonjiswe ngamatye axabisekileyo. Wasithweswa eso sithsaba uDavide. Wathatha amaxhoba amaninzi kweso sixeko,

31abemi balapho wabathatha wabafaka emsebenzini wokusarha, nowokumba, nokucanda, abanye besebenza kumaziko okwenza izitena. Wenjenjalo ke nakwabanye abemi bezixeko zama-Amon. Emva koko uDavide wabuyela eJerusalem kunye nomkhosi wakhe wonke.

2 Kasamweli 13

UAmnon noTamare

1Ke kaloku uDavide wayenonyana ogama linguAbhasalom, odade wabo yayinguTamare owayeyinzwakazi. Omnye woonyana bakaDavide ogama linguAmnon, usuke wayithanda le nzwakazi.

2Wahlupheka uAmnon ngangokude agule ngenxa yodade wabo uTamare, kodwa kwakungekho nto anokuyenza kuye, kuba wayeyintombi engazani nandoda.

3Phofu kwakukho mfo owayevana noAmnon, owayenguYonadabhi igama; wayengunyana kaShama ongumntakwabo-Davide. UYonadabhi lo wayengumfo onamacebo.

4UYonadabhi wathi kuAmnon: “Ungunyana kakumkani, kodwa imihla nezolo akukhululekanga; khawutsho, kwenzeke ntoni?” “Hayi, ndifuna uTamare, lo ungudade bomntakwethu uAbhasalom,” utshilo uAmnon.

5UYonadabhi wathi kuye: “Zenze umntu ongaphilanga, uye kulala. Uze uthi, akufika uyihlo eze kukubona, uthi kuye: ‘Nceda uthumele udade wethu uTamare, eze kundonga. Ndifuna aze kundilungiselela ukutya apha phambi kwam, andityise ngesakhe isandla.’ ”

6Wazenza ogulayo ke uAmnon, waya kulala. Ukumkani waya kumvelela uAmnon, waza yena wathi kukumkani: “Bawo, ndicela uthumele uTamare udade wethu eze kundenzela amaqebengwane amabini ndijongile, andityise ngesakhe isandla.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7UDavide ke wathumela kuTamare ebhotwe esithi: “Khawuye endlwini
yomnakwenu uAmnon, umenzele into etyiwayo.”

8Waya ke uTamare endlwini ka-Amnon umntakwabo, wafika
esemandlalweni. Wathatha umgubo waxova, wenza amaqebengwana
ejongiwe nguAmnon,

9wawakhupha epanini, wabeka phambi koAmnon, kodwa akatya. Uvakele
uAmnon esithi: “Khupha wonke umntu okule ndlu!” Baphuma bonke abo
bantu kuloo ndlu.

10Uthe kuTamare uAmnon: “Zisa loo maqebengwana apha egumbini lam
lokulala, undityise ngesakho isandla.” Wawathatha loo maqebengwana
awenzileyo uTamare, wawasa kumntakwabo uAmnon egumbini lakhe
lokulala.

11Kuthe esamnika ukuba atye, wamthi hlasi, wathi: “Yiza silale, dade wethu.”

12UTamare wathi kuye: “Hayi, mnakwethu, musa ukundinyanzela; ayenziwa
into enje kwaSirayeli. Musukulenza eli nyala!

13Khona, mna ndoba yintoni lihlazo lam? Wena kungathiwa usesona
sithwangathwanga sakha sakho kwaSirayeli. Ndiyacela ke, thetha
nokumkani. Ndiqinisekile uya kuvuma ukundendisela kuwe.”

14Kodwa akazange afune ukuva uAmnon, waza wamnyanzela, walala naye,
kuba wayenamandla kunaye.

15Emva koko uAmnon wamcaphukela uTamare ngentiyokazi eyaba ngaphezu
kothando abenalo kuye ngaphambili. Uvakele selesithi kuye: “Hamba; phum'
apha!”

16“Hayi, andiphumi,” utshilo uTamare. “Yhu, eli hlazo lokundigxotha
lingaphezu koqale wandenza lona.” Akayihoyanga yonke loo nto uAmnon,

17usuke wabiza isicaka sakhe, wathi: “Khupha le ntombazana, imke apha, uze
utshixe wakugqiba.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

18Isicaka samkhupha uTamare, saza satshixa ucango. UTamare wayenxibe isambatho eside esinemikhono emide. Kaloku eso sasisinxibo seentombi ezizalwa komkhulu ngaloo mihla.

19Wazigalela ngothuthu entloko uTamare, wasikrazula eso sambatho sakhe side, wathwala izandla entloko, wasitsho isikhalo, ebheka ngakowabo.

20Uvele kweso sithuba umnakwabo uAbhasalom, wathi: “Ukudlwengule umnakwenu uAmnon? Hayi, dade, musa ukuzikhathaza ngale nto. Ligazi lakho kaloku uAmnon; uze ungamxhibi.” Waya kuhlala kwamnakwabo uAbhasalom uTamare, ephila ubomi belolo.

21Wavutha ngumsindo ukumkani uDavide zakufika kuye ezo ndaba.

22Yena uAbhasalom wamthiya uAmnon ngenxa yokudlwengula udade wabo, kangangokuba akazange aphinde afune nokuthetha oku naye.

UAbhasalom uyaphindezela

23Emva kweminyaka emibini uAbhasalom waba netheko lokuhlinzeka abachebi bakwakhe. Wayelenzela eBhali-hazore engasemdeni welakwaEfrayim. Wayememele bonke oonyana bakakumkani kwelo theko.

24Usuke waya kukumkani uDavide uAbhasalom, wafika wathi: “Mhlekazi, kuyachetywa phaya kwam, ke bendinqwenela ukuba umhlekazi namaphakathi akhe babekho kwitheko eliza kwenziwa.”

25Ukumkani wathi kuAbhasalom: “Hayi, mfo wam, masingayi sonke, hleze wonganyelwe ngumsebenzi xa silapho sonke.” Waba ngacenga uAbhasalom, akavuma uDavide. Ndaweni yaloo nto suka wamndulula ngokumthamsanqela.

26Ke uAbhasalom wathi: “Xa ungavumiyo wena, bawo, umntakwethu uAmnon ngewumkhulula yena ahambe nathi.” Ukumkani wathi kuye: “Ahambele ntoni nawe?”

27Wacenga uAbhasalom, wada wavuma uDavide ukukhulula uAmnon ahambe noonyana bonke bakakumkani.

© 1996 Bible Society of South Africa.

28UAbhasalom wafika wayalela izicaka zakhe ngelithi: “UAmnon lo nize
nimqaphele, nimbone ukuba seleyobile yiwayini, nimgwaze afe ndakutsho
kuni ukuthi: ‘Mbulaleni uAmnon!’ Ze ningoyiki, kutsho mna, niyeva! Ze
niqine, nikhaliphe.”

29Hayi ke, izicaka zika-Abhasalom zenza ngokomyalelo wenkosi yazo
uAbhasalom. Bonke oonyana bakakumkani bathi khwasu bakhwela
iimbongolo zabo, babaleka.

30Zafika kuDavide besesendleleni egodukayo ezo ndaba zithi: “UAbhasalom
ubabulele bonke oonyana bakakumkani, akwasala noba abe mnye.”

31Ukumkani wathi khwasu kwangoko, wakrazula izambatho zakhe,
waqungquluza emhlabeni. Amaphakathi akhe onke nawo azikrazula ezawo
izambatho emi ngakuye.

32Kwesi sithuba kuvele uYonadabhi unyana kaShama umntakwabo-Davide,
wathi: “Umhlekazi makangeva kusithiwa babulewe bonke oonyana bakhe;
kufe uAmnon yedwa. Loo nto yenzeka kuba uAbhasalom wagqiba kwangalaa
mhla uAmnon wadlwengula udade wabo ukuba uya kuze ambulale.

33Ngoko ke umhlekazi makangazihluphi ngokucinga okokuba oonyana bakhe
bafe bonke. Hayi, nguAmnon yedwa lo ufileyo.”

34Ke yena uAbhasalom wabaleka wabhaca. Ke umlindi wabona ihlokondiba
labantu lisihla intaba, lihamba ngendlela evela eHoronayim.

35Waza uYonadabhi wathi kukumkani: “Khangela, nabaya besiza oonyana
bakakumkani. Kunjengoko besitshilo isicaka sakho.”

36Uthe esakhova nje ukuthetha, bagaleleka oonyana bakakumkani, basitsho
isikhalo. Wangenelela ukumkani, amaphakathi nawo angenelela, bonke
batsho ngesikrakra.

37UAbhasalom wabalekela kuTalmayi, unyana ka-Amihudi,
owayengukumkani waseGeshuri. UDavide wamzilela mihla le uAmnon
unyana wakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

38Ke yena uAbhasalom owayebalekele eGeshuri wahlala apho iminyaka emithathu.

39Sakudlula isithukuthezi sokufelwa ngunyana wakhe uAmnon, ukumkani uDavide wanqwenela ukuya kumbona unyana wakhe uAbhasalom.

2 Kasamweli 14

UJowabhi uphuthuma uAbhasalom

1Kwesi sithuba uJowabhi unyana kaZeruya waphawula ukuba ukumkani uDavide wayeselenxubile kukukhumbula uAbhasalom.

2Wathumela abantu eTokowa, ukuya kulanda khona mfazi uthile wayeliqhajazana elilumkileyo. Akuba efikile wathi kuye uJowabhi: “Ndifuna uzenze umntu ozilileyo, unxibe iimpahla zokuzila, ungathambisi, ube ngathi kudala wafelwayo,

3uze uye kukumkani, ufike umxelele le nto ndifuna uyithethe kuye.” Watsho emnika amazwi amakawathethe kukumkani.

4Waya ke kukumkani loo mfazi waseTekowa, wafika wawa ngamadolo, ekhahlela, wathi: “Ndincede, mhlekazi!”

5Ukumkani wathi kuye: “Ngaba ukhathazwa yintoni?” Uthe ukuphendula loo mfazi: “Mhlekazi, ndingumhlolokazi; ndibhujelwe yindoda.

6Yaye bendinoonyana ababini. Ngenye imini baxabana besemadlelweni, kwathi ngenxa yokuba kwakungekho mlamli, balwa wabethwa wafa omnye unyana wam.

7Ngoku ke, mhlekazi, abantu basemzini wam bonke bandivukele besithi: ‘Mnikezele lo ubulele umntakwabo, khon' ukuze sibuyekeze ukufa komntakwabo lo ambuleleyo, kungabi sabakho ndlalifa.’ Ewe, bafuna ukuyicima igama impunde ebesendijonge ukuba yiyo eya kuvusa igama likayise, ivuse nomzi wakowayo.”

8“Kulungile, ungagoduka, ndiza kunika umyalelo ngokubhekiselele kuwo lo mcimbi,” utshilo ukumkani kuloo mfazi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

9“Mhlekazi, nkosi yam, mayibe ndim kunye nabantu bakowethu abathwele
ityala ngale nto; yena ukumkani kunye nolawulo lwakhe makabe msulwa,”
uqokele watsho loo mfazi waseTekowa.

10Ukumkani wathi: “Umntu ophinde wakuthethisa uze uze naye apha kum;
akasobe aphinde akuthi cha kwakhona.”

11Umfazi lowo wathi: “Nceda, mhlekazi, uthandaze kuNdikhoyo uThixo
wakho ukuba abaphindezeli bangambulali umntwana wam, ndize ndisale
ndingenanyana.” Yena wathi: “Ehleli nje uNdikhoyo, akukho bani uya kumthi
cha nakancinane unyana wakho!”

12Umfazi wathi: “Mhlekazi, nceda usivumele isicakakazi sakho, sibe nelizwi
esilibhekisa kuwe.” “Ewe, thetha,” utshilo ukumkani.

13Wathi ke loo mfazi: “Ke, mhlekazi, uyenzeleni into efana nale kangaka
kubantu bakaThixo? Kaloku, mhlekazi, uzigweba ngokwakho ngale ntetho
yakho, kuba kwawena akuvumi abuyele ekhaya unyana wakho obhacileyo.

14Sonke simelwe kukufa, siphalale njengamanzi angenakubuya akhiwe.
Kambe uThixo akawucimi umphefumlo, koko wenza icebo lokuba obhacileyo
ambuyise.

15Into endizise kuwe, mhlekazi, ngabantu abandisongelayo; ndiziswe
lithemba lokuba uya kundenzela loo nto ndiyicelayo kuwe.

16Bendisazi ukuba uya kundiva, mhlekazi, undihlangule kunye nomntwana
wam kubantu abafuna ukusicima singabikho phakathi kwabantu abemi
kumhlaba abawunikwa nguThixo ukuze ube lilifa lethu.

17“Bendisazi ukuba uya kuthetha nje kutsho kuphele amaxhala kum, kuba
wena, mhlekazi, uyakwazi ukwahlula okuhle kokubi kanye njengesithunywa
sikaThixo. Wanga ke uNdikhoyo uThixo wakho angaba nawe.”

18Kwesi sithuba ukumkani uphendule lo mfazi wathi: “Ndinombuzo
endinawo; uze ungakhe ulinge undifihlele impendulo.” “Mhlekazi,
ungandibuza nantoni na,” utshilo loo mfazi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Ukumkani wathi: “Asikho na isandla sikaJowabhi kule nto?” Umfazi waphendula wathi: “Ngenene, ukho nje, mhlekazi nkosi yam, uchane ucwethe; okuthethileyo kunjalo; ewe, liphakathi lakho uJowabhi lo undihlohle la mazwi.

20Kambe le nto isicaka sakho uJowabhi uyenze ngeenjongo zokulungisa. Hayi, ndincamile, mhlekazi; ulwazi lwakho lufana nolwesithunywa sikaThixo, sona sazi konke okwenzekayo elizweni.”

21Emva koko ke ukumkani uDavide ubhekise kuJowabhi wathi: “Kulungile ke, ndiya kukhululela; hamba uye kumlanda laa mfana uAbhasalom.”

22Waziphosa phantsi ke uJowabhi ekhahlela, edomboza ebulela ukumkani, wenjenje: “Ngoku isicaka sakho siyazi ukuba uyakholiseka siso, mhlekazi nkosi yam, kuba undenzele isicelo sam.”

23Wasuka ke uJowabhi wenjenjeya ukusinga eGeshuri, esiya kulanda uAbhasalom, weza naye eJerusalem.

24Akuba efikile ukumkani wathi: “Makaye kuzihlalela endlwini yakhe uAbhasalom; akafuneki nganto apha kum ebhotwe.” Waya kuzihlalela emzini wakhe ke uAbhasalom, akaba savela phambi kokumkani.

Ukuxolelaniswa kuka-Abhasalom noDavide

25Kwakungekho bani wayenokufaniswa noAbhasalom ngobunzwana kuye wonke uSirayeli. Wayeyinzwana engenasiphako ukusuka entendeni yonyawo lwakhe kuye kutsho phezulu entloko.

26Wayesithi akucheba intloko (nto leyo wayeyenza minyaka le, kuba zazisuka zibe nde kakhulu iinwele zakhe) aziveyishe ezo nwele, zibe sisibini seekhilogram ubunzima ngokomlinganiselo owawusetyenziswa komkhulu.

27Wayenoonyana abathathu uAbhasalom, kunye nentombi eyayinguTamare igama, inzwakazi enomkhitha.

28Kwadlula iminyaka emibini eseJerusalem uAbhasalom, kodwa engekabonani nokumkani.

© 1996 Bible Society of South Africa.

29Ke uAbhasalom wabiza uJowabhi ukuze amthume kukumkani. Wala ukuza
yena uJowabhi. Waphinda wathumela okwesibini, wala kwakhona uJowabhi.

30Uthe ke kwizicaka zakhe uAbhasalom: “Intsimi kaJowabhi nantsiya
inengqolowa ngakuleya yakuthi; yiyani niyintumeke umlilo.” Zaya, zayitshisa
intsimi kaJowabhi izicaka zika-Abhasalom.

31Wasuka ke uJowabhi waya kwa-Abhasalom, wafika wathi kuye:
“Ziyitshiseleni izicaka zakho intsimi yam?”

32UAbhasalom wathi kuJowabhi: “Bendithumele abantu kuwe ndisithi
mawuze apha ukuze ndikuthume kukumkani undibuzele uthi: ‘Ndibuyele
ntoni eGeshuri? Bekukuhle ndibe ndiselapho nangoku.’ Ngoku ke ndifuna
ukubonana nokumkani, ukuze athi, ukuba ndisenetyala, andibulale, ndife
kube kanye.”

33UJowabhi undulukile waya kukumkani, wafika wamxelela oko. Uthe
ukumkani makabizwe uAbhasalom. Uthe akufika kukumkani uAbhasalom
waqubuda phambi kokumkani ekhahlela ubuso ebujongise emhlabeni, waza
yena ukumkani wamanga.

2 Kasamweli 15

UAbhasalom uceba ukuvukela umbuso

1Emva koko uAbhasalom wazifunela inqwelo namahashe kunye namashumi
amahlanu amadoda awankcunkca phambili.

2Wayedla ngokuvuka ekuseni, aye kuma ngasendleleni eya esangweni
lesixeko. Wayedla ngokuthi xa kufika umntu oze nesimangalo komkhulu,
ambize, ambuze imvelaphi. Kuthi loo mntu akuba ezilandile echaza isizwe
sakwaSirayeli avela kuso,

3uAbhasalom athi: “Ewe, umthetho uyakungqinela, nomcimbi wakho
uyavakala, kodwa ukumkani akanaye umntu ongachophela eli tyala.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Wayeqhubeka athi uAbhasalom: “Akwaba ibindim umntu ochophela
amatyala kweli lizwe! Bebeya kuza kum bonke nezimangalo zabo,
ndibagwebele kakuhle.”

5Kwakusithi kwakufika umntu aze akhahlele, uAbhasalom amthi hlasi
ngesandla, amphakamise, amwole, amange.

6Loo nto wathi rhoqo ukuyenza kuwo onke amaSirayeli awayesiza komkhulu
ematyaleni. Waba ke uyaziba iintliziyo zamaSirayeli ngaloo ndlela.

7Emva kweminyaka emine uAbhasalom ubhekise kukumkani wathi:
“Mhlekazi, ndiyakucela ndikhulule ndiye kuzalisekisa isibhambathiso
endasenza kuNdikhoyo eHebron.

8Kaloku ndandenze isifungo ngokuya ndandisahlala eGeshuri kwelama-
Aram, ndathi uNdikhoyo ndiya kumenzela idini xa andibuyisele ekhaya
eJerusalem.”

9Ukumkani wathi kuye: “Hamba ngoxolo.” Wesuka ke wemka uAbhasalom
waya eHebron.

10Kanti wayeshiye ethume oongcothoza kuzo zonke izizwe zakwaSirayeli
esithi: “Xa nithe neva umtyangampo wesigodlo, ze nithi: ‘UAbhasalom
ungukumkani eHebron!’ ”

11UAbhasalom wakhatshwa ngamakhulu amabini amadoda ukuya kwakhe
eHebron esuka eJerusalem. Ahamba ngesimemo engazi nto wona phofu ngeli
yelenqe.

12Kwathi xa uAhitofele waseGilo, iphakathi likakumkani uDavide, laliye
kokwalo eGilo, lisiya kunyusa amadini, uAbhasalom wathuma isigidimi kuye,
embiza. Iyelenqe lokuvukela ukumkani laya likhula, namanani eqela lika-
Abhasalom aya esanda ngokwanda.

UDavide uyasaba eJerusalem

13Kwafika isigidimi kuDavide, sathi: “Iintliziyo zamadoda akwaSirayeli
zijikile, zilandela uAbhasalom.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

14Ke uDavide wathi kumaphakathi akhe onke awayeseJerusalem: “Masibaleke kusengoku, kuba asiyi kusinda kuAbhasalom. Masikhawuleze simke, hleze asihlasele ngephanyazo, asihlisele ububi, abulale abemi balo mzi ngekrele.”

15Aphendula ngelithi amaphakathi kuDavide: “Makube njengokubona kwakho, mhlekazi; thina zicaka zakho sesilungile.”

16Wanduluka ke ukumkani nalo lonke usapho lwakhe. Kwasala ishumi labafazi elalingamaqadi, agcina umzi wakomkhulu.

17Ukumkani kunye nabantu awayehamba nabo bathi bakufika ngakwindlu yokugqibela bakha bathi xha apho.

18Onke amaphakathi akhe ema ngakuye lo gama abalindi bakhe abangamaKreti namaPleti badlulayo ngaphambi kwakhe. Emva koko kuze amakhulu amathandathu amadoda omkhosi owamlandela ukusuka eGati.

19Kwesi sithuba ke ukumkani uthe kuItayi waseGati: “Ulapha nawe? Ufunani emva kwam? Hamba uye kungenelela kulaa kumkani mtsha; kaloku ungumntu wasemzini wena, imbacu eyasaba amawayo.

20Hayi, mandingambhadulisi umntu ofika izolo! Andikazi nalapho ndiya kuphelela khona. Jika, wena kunye nala madoda akuni. Akwaba inceba nenyaniso yaba nawe.”

21UItayi wamphendula ukumkani wathi: “Mhlekazi, ekho nje uNdikhoyo, ikho nje inkosi yam ukumkani, inene, apho iya khona inkosi yam ukumkani, nam sicaka sakho ndiya kuya khona, nditsho nokuba kusebomini nokuba kusekufeni.”

22UDavide wathi kuItayi: “Kulungile ke, yitsho ungena endleleni.” Waba ke njalo uItayi kunye namadoda eqela lakhe nosapho lwakhe lonke balandela uDavide.

23Kwahlokoma ilizwe sisikhalo ekumkeni kukaDavide nabantu bakhe. Wenjenjeya ukumkani ukuya kuwela umlanjana iKedron, elandelwa ngabantu bonke, baya kutsho entlango.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

24Wayelapho phakathi kwabo uZadoki umbingeleli, ekunye nabaLevi, bethwele ityesi yomnqophiso kaThixo. Bayibeka phantsi ngakuAbhiyatare, bayilinda kwada kwaphuma wonke umntu esixekweni.

25Emva koko wathi kuZadoki ukumkani: “Le tyesi kaThixo yibuyisele kwasesixekweni. Ukuba uNdikhoyo undigcinile ndobuya ndiyibone kwakhona isendaweni yayo.

26Kodwa ke ukuba uNdikhoyo uthe kum: ‘Andaneliseki nguwe,’ ndim lo, makandenze loo nto ikholekileyo emehlweni akhe.”

27Uqhube wenjenje ukumkani ebhekisa kuZadoki umbingeleli: “Uyayibona imeko, wena ungahamba ngoku, ubuyele esixekweni kunye noAbhiyatare, nihambe kunye nâbo bafana babini, lowo wakho uAhimazi kunye noJonatan unyana ka-Abhiyatare.

28Uyabona, mna ndiya kulinda phaya emazibukweni entlango, kude kufike ilizwi elivela kuwe lokundazisa.”

29Ke uZadoki noAbhiyatare babuyela eJerusalem, bethwele ityesi yomnqophiso, baza bahlala apho.

30UDavide wahamba elila ukunyuka kwakhe iNtaba yemiNquma, egqubuthele, engafakanga nto nasezinyaweni. Bonke ababehamba naye nabo babegqubuthele, behamba belila.

31Waxelelwa uDavide kwathiwa: “Naye uAhitofele ukwicala labavukeli kunye noAbhasalom.” Ke uDavide wathandaza wathi: “Uzuwaphanzise, Ndikhoyo, amacebo ka-Ahitofele!”

32Uthe uDavide xa aqabela encochoyini yenduli, efika apho kwakunqulwa khona, wafika elindelwe nguHushayi umArki, etsho ngezambatho ezikrazukileyo, intloko inomhlaba.

33UDavide wathi kuye: “Akukho nto uya kundinceda ngayo xa uhamba kunye nam.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

34Kanti ke xa ubuyela kwasesixekweni uya kundinceda uphanzise amacebo
ka-Ahitofele, ufike uthi kuAbhasalom: ‘Ndisisicaka sakho, mhlekazi kumkani!
Bendifudula ndisisicaka sikayihlo, kodwa ngoku ndisisicaka sakho.’

35UZadoki noAbhiyatare ababingeleli uya kufika bekho nako; uze uyixele
kubo yonke intshukumo yakomkhulu.

36Bakho nabo ooAhimazi unyana kaZadoki noJonatan unyana ka-Abhiyatare;
wondazisa ngako konke okuvileyo komkhulu.”

37Wenjenjeya uHushayi, umhlobo kaDavide, ukuya esixekweni, waya kufika
kanye xa uAbhasalom angenayo eJerusalem.

2 Kasamweli 16

UDavide noZibha

1Wathi uDavide esand' ukuthi tyishi nje eyishiya incopho, wagagana noZibha
iphakathi likaMefibhoshete. Wayeqhuba iidonki ezimbini zibotshiwe zithwele
amakhulu amabini ezonka, nekhulu lezikhinkci zeerasentyisi, nekhulu
lezikhinkci zeziqhamo ezisand' ukukhiwa, kunye nemvaba ezele yiwayini.

2Ukumkani wambuza uZibha wathi: “Wenza ntoni ngezi zinto?” Lithe
elikaZibha: “Ezi donki ndizizise ukuze usapho lukakumkani lukhwele kuzo.
Izonka kunye neziqhamo ndiziphathele amadoda kakumkani ukuze azixhase
ngazo, athobe nangewayini xa aziva ephelelwe entlango.”

3Uqhube wathi ukumkani: “Uphi uMefibhoshete, umzukulwana kaSawule,
inkosi yakho?” UZibha wathi: “Usele eJerusalem. Kaloku uthi: ‘Namhlanje
indlu kaSirayeli iza kububuyisela kum ubukhosi bukabawo-mkhulu uSawule.’
”

4Waqokela wathi ukumkani kuZibha: “Iza kuba yeyakho yonke into ebikade
iyeyikaMefibhoshete.” UZibha wathi: “Ndohlala ndisisicaka sakho, mhlekazi;
bendinga ndingasoloko ndisenzelwa inceba nguwe.”

UDavide noShimeyi

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5Uthe ukumkani uDavide akuya kufika eBhawurim, kwavela uShimeyi,
unyana kaGera, owayezalana noSawule, eze kumhlangabeza, emthuka wonke
lo gama aya kuye.

6UShimeyi usuke wagxoga uDavide ngamatye, ekunye naloo maphakathi
akhe, engqongwe macala ngamadoda omkhosi nabalindi bakhe.

7Wayemthuka esithi: “Mka apha; hamba sigebengandini setshijolo!

8 UNdikhoyo uya kukubuyekeza ngenxa yegazi lendlu kaSawule othe wena
waba ngukumkani esikhundleni sakhe. Ubukhosi uNdikhoyo ubunike
uAbhasalom unyana wakho. Hayi ke, sigebengandini, isikhuni sibuye
nomkhwezeli!”

9Kwavela uAbhishayi owayezalwa nguZeruya, wathi kukumkani: “Mhlekazi,
uyamyeka lo mfi wenja akuthuke wena kumkani? Ndiyeke mna ndiye
kumnqumla intloko.”

10Ukumkani wathi: “Ayifuni nina le nto, bonyana bakaZeruya. Ukuba
undithuka ngokuthunywa nguNdikhoyo, ngubani onegunya lokuthi kuye:
‘Uyenzela ntoni le nto?’ ”

11Uqhube wathi uDavide, ebhekisa kuAbhishayi nakumaphakathi akhe onke:
“Ingunyana wam ozelwe ndim nje lo ufuna ukundibulala, nothuswa yintoni
kule nto yenziwa ngulo mBhenjamin? NguNdikhoyo othe makandithuke;
myekeni ke andithuke.

12UNdikhoyo angahle ayibone le ntlupheko ndikuyo, andithamsanqele
endaweni yesiqalekiso salo mntu.”

13Bahamba indlela yabo ke ooDavide. Wahamba ngaphezu kwenduli leyo
uShimeyi eshwabula, egxoga ngamatye, eqhumisa uthuli.

14Ukufika kukakumkani neqela lakhe eJordan babesebefile kukudinwa, bakha
baphumla apho.

UAbhasalom eJerusalem

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15Wagaleleka eJerusalem uAbhasalom, ehamba namaSirayeli onke, kukho
noAhitofele.

16Wathi uHushayi umArki, umhlobo othembekileyo kaDavide, akuthi thu
uAbhasalom, wakhahlela esithi: “Huntshu-u-u! Khul' ud' ukhokhobe,
kumkani!”

17UAbhasalom wathi kuHushayi: “Tyhini, yindlela obonakalisa ukuthembeka
kwakho kumhlobo wakho uDavide le! Kutheni ungahambanga naye nje?”

18UHushayi wathi kuAbhasalom: “Ndingayenza njani into enjalo? Mna
ndingakwicala lalowo utyunjwe nguNdikhoyo nangabantu nangamaSirayeli
ephela. Ndiza kuhamba nawe.

19Kakade ke ndingathoba phantsi kukabani xa ingenguye unyana wenkosi?
Ndiza kuthoba phantsi kwakho ngoku njengoko bendisenza kuyihlo.”

20Ubuzile ke kuAhitofele uAbhasalom wathi: “Ucebisa ntoni ke? Ngaba
masithini?”

21UAhitofele wathi kuAbhasalom: “Yiya kungena kumaqadi kayihlo, lawa
awagcinise ibhotwe. Ngaloo ndlela indlu yonke kaSirayeli iya kuqonda ukuba
uzinukisile kuyihlo, babe nesibindi ke ngoko abakulandelayo.”

22Kwamiswa intente phezu kophahla lwebhotwe, waza uAbhasalom
wawangena amaqadi kayise ejongwe ngamaSirayeli onke.

23Icebo lika-Ahitofele lalithathwa njengelizwi elivela kuThixo ngenkqu.
Lalingadli ngakuwa phantsi kuDavide, kanti nakuAbhasalom kwakukwanjalo.

2 Kasamweli 17

UHushayi ulahlekisa uAbhasalom

1Wathi uAhitofele kuAbhasalom: “Ndivumele ndikhethe ishumi elinambini
lamawaka amadoda, ndiphume ngobu busuku, ndimsukele uDavide.

2Ndifuna ukumhlasela esadiniwe nje, emi nematha. Ndifuna ukuwothusa
abaleke la madoda ahamba naye. Ndifuna ukubulala ukumkani kuphela,

© 1996 Bible Society of South Africa.

3ndiwazise kuwe onke amanye amadoda. Andithi mnye qha lo mntu ufuna
ukumbulala, bonke abanye babuye bephila?”

4Lavakala njengecebo eliphilileyo eli kuAbhasalom nakumadoda amakhulu
akwaSirayeli xa ewonke.

5Uthe uAbhasalom: “Khanibize kwanoHushayi umArki, silive nelakhe icebo.”

6Uthe akufika uHushayi uAbhasalom wamchazela iqhinga lika-Ahitofele,
waza wathi: “Utsho ke uAhitofele; uthini wena?”

7UHushayi wathi kuAbhasalom: “Hayi, mhlekazi, kwesi sihlandlo kum ngathi
alilihle iqhinga lika-Ahitofele konke.

8Wazi kakuhle ukuba uyihlo uDavide neqela lakhe ngamadoda aqhele
ukulwa, yaye bayakhwankqisa, ngathi yimazi yebhere inxakamela amathole
ayo. Uwaqhelile amadabi uyihlo, ngoko ke akahlali ndawonye nomkhosi
wakhe ebusuku.

9Ngoku ndithethayo ngahle uzimele mqolombeni uthile, okanye uthe nca
ndaweni ithile. Ukuba yena uthe waba ngowokuqala ukuhlasela amadoda
akho, abakuvayo oko baya kusuka bathi: ‘Axheliwe amadoda ka-Abhasalom.’

10Ndithi nawona madoda aziingonyama ukukhalipha aya kunkwantya, kuba
kwaSirayeli uyihlo udume ngokulwa, yaye nomkhosi wakhe ngamagorha.

11“Mna ke ndicebisa ukuba uwaqokelele onke amaSirayeli kulo lonke eli,
ukususela kwaDan kuye kutsho eBheshebha, abe maninzi ngokungathi
yintlabathi yaselwandle, uze uwakhokele wena ngenkqu ukuya edabini.

12UDavide yena somfuna apho azimele khona, simhlasele okombethe olele
kwiindawo zonke, kungasindi namnye kuye nakuloo madoda onke anaye.

13Uya kuba ngaya dolophini ithile, sifike nalapho singamaSirayeli, sithandele
ngeentambo, sizitsale ezo ndonga zidilike, ziye kuthi didli ezantsi entilini,
kude kungabikho nalinye ilitye apho.”

14UAbhasalom namadoda onke akwaSirayeli bathi: “Icebo likaHushayi
umArki lelona lilungileyo kunelika-Ahitofele.” Yayisisigqibo sikaNdikhoyo

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

kakade ukuba maliphanze icebo lika-Ahitofele, khon' ukuze aze kuhlelwa lishwangusha uAbhasalom.

UDavide uyasaba akulunyukiswa

15Usuke apho uHushayi waya kwazisa ooZadoki noAbhiyatare ababingeleli ngeqhinga yena acebise ngalo uAbhasalom namadoda amakhulu akwaSirayeli kwanangelo lalivela kuAhitofele.

16Uqhube wathi: “Ke ngoko khawulezani nithumele kuDavide, nithi kuye: ‘Uze ungahlali phaya ngakumazibuko asentlango ngobu busuku. Welela ngaphesheya kweJordan, hleze ukumkani nabantu bonke abanaye bacinywe.’ ”

17UJonatan kunye noAhimazi babehlala belinde kulaa mthombo wase-En-rogele, kuba bekungafuneki babonwe bengena esixekweni. Kwathunywa isicakazana, saya kubaxelela, baza bona baya kwazisa ukumkani uDavide.

18Kodwa babhaqwa yinkwenkwana eyaya kuxelela uAbhasalom. Bakhawuleza ke bemka kuloo ndawo, baya kuzimela mzini wasemathileni eBhawurim. Kwakukho iqula ngakuloo mzi, baza ke baya kuhlala ngaphakathi kwalo.

19Inkosikazi yalapho yathatha into, yaligquma ngayo, yaneka imbewu ngaphezulu, ukuze kungabikho bani urhanela nto.

20Afika apho kuloo mzi amaphakathi ka-Abhasalom, athi kuloo mfazi: “Baphi ooAhimazi noJonatan?” Waphendula ngelithi loo mfazi: “Bagqithe apha, baya ngasemlanjeni.” Loo maphakathi afuna, afuna, ada ancama, abuyela kwaseJerusalem.

21Akuba emkile loo madoda, baphuma kwelo qula ooAhimazi noJonatan, basa udaba ababeluthunyiwe kuDavide. Bamxelela ngeyelenqe lika-Ahitofele, batsho besithi: “Phakama ukhawuleze uwelele ngaphesheya komlambo.”

22Bawela ke ooDavide namaphakathi, kwathi kusisa babe bengaphesheya kweJordan bonke.

© 1996 Bible Society of South Africa.

23Uthe akubona uAhitofele ukuba iqhinga lakhe alisiwanga so, suka wakhwela idonki yakowabo, wagoduka esinga kweyakubo idolophu. Uthe nje ukuba agqibe ukulungisa imicimbi yakhe, waya wazixhoma wafa. Ungcwatyelwe apho kumangcwaba ooyise-mkhulu.

24Wayeselefikile uDavide kwidolophu yaseMahanayim, ngexesha yena uAbhasalom namaSirayeli onke awayenaye bawela iJordan.

25UAbhasalom wenza uAmasa injengele yomkhosi esikhundleni sikaJowabhi. UAmasa wayengunyana kaYetere umSirayeli, ezalwa nguAbhigeli intombi kaNahashe, engudade boZeruya unina kaJowabhi.

26UAbhasalom namaSirayeli bazimisa iintente zabo kummandla waseGiliyadi.

27UDavide ukufika kwakhe eMahanayim wayehlangatyezwa nguShobhi unyana kaNahashe owayevela kwidolophu iRabha kwelama-Amon, nanguMakire unyana ka-Amiyeli waseLodebhare, noBhazilayi umGiliyadi waseRogelim.

28Babephethe iimandlalo, izitya, neengqayi, kunye nengqolowa, nerhasi, nomgubo, nogcado, neembotyi, neentlumayo, nokunye ukutya okugcadiweyo,

29nobusi, nebhotolo, neegusha, netshizi yobisi lweenkomo. Konke oku babekuphathele ukuxhasa uDavide nabantu bakhe, kuba babesithi: “Aba bantu balambile, badiniwe, banxaniwe nokunxanwa apha entlango.”

2 Kasamweli 18

Ukoyiswa kuka-Abhasalom

1UDavide uwaqokelele onke amadoda omkhosi wakhe, wawahlula-hlula, wawamisela izinxiba-mxhaka eziphethe amajoni aliwaka neziphethe amajoni alikhulu.

2Emva koko umkhosi uwahlule waba ngamaqela amathathu, elinye liphethwe nguJowabhi, elinye nguAbhishayi umntakwabo-Jowabhi, elinye liphethwe

© 1996 Bible Society of South Africa.

nguItayi waseGati. Ke uDavide wathi kumkhosi wakhe: “Nam ngenkqu ndiza kuphuma kunye nani.”

3Amadoda omkhosi athi: “Hayi, mhlekazi, mus' ukuya edabini. Akungebi lutho xa utshaba luswantsulisa thina, nokuba kungade kuwe isiqingatha sethu, kodwa ubukho bakho bufana neshumi lamawaka amadoda. Kuhle ke ukuba usale apha esixekweni, uze ukwazi ukusithumela amancedo.”

4Ukumkani wathi kubo: “Kulungile ke, mandenze loo nto ikholekileyo kuni.” Wema ngasesangweni, ewajongile ukunduluka kwawo, ephuma engamaqela amajoni alikhulu naliwaka.

5Ukumkani wabayalela ooJowabhi noAbhishayi kunye noItayi, wathi: “Nize nindincede niyiphathe kakuhle laa ntwana inguAbhasalom.” Loo myalelo kaDavide awayewubhekisa kwiinjengele weviwa ngawo onke amadoda omkhosi.

6Wenjenjeya umkhosi kaDavide ukuya kuqubisana namaSirayeli endle ngakwihlathi lakwaEfrayim, zanqoza.

7AmaSirayeli oyiswa ngumkhosi kaDavide. Abethwa kakubi, kwasala apho edabini amawaka angamashumi amabini.

8Idabi layigqiba yonke loo ndawo, uninzi lwafela ehlathini, lwangaphezulu kwabo babefele edabini.

9UAbhasalom wagaxeleka phakathi kweqela lamadoda kaDavide. Wayekhwele embongolweni. Kuthe xa ithubeleza ngaphantsi kom-oki omkhulu, wabambeka ngentloko kuloo masebe omthi. Yabaleka yemka imbongolo, wasala yena ejinga emoyeni.

10Wabonwa ngumfo othile owaxelela uJowabhi wathi: “UAbhasalom ndimbone ejinga emthini wom-oki.”

11Uthe uJowabhi kuloo ndoda: “Xa umbonileyo kutheni ukuze ungambulali kwangoko nje? Mna bendiya kukuhlawula ngeshumi leesiliva, ndikuthi jize ngomxhaka ngaphezu koko.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Loo mfo uphendule uJowabhi ngelithi: “Nokuba ubungade undihlawule iwaka leesiliva, bendingasoze ndimse sandla mna unyana kakumkani wam. Kaloku simve ngezethu iindlebe ukumkani ngokuya ebekuyala wena noAbhishayi noItayi esithi: ‘Nokuba ngubani na azayikhusele laa ntwana uAbhasalom.’

13Ukuba bendenze ubugwenxa ndambulala uAbhasalom, ubeza kuyiva loo nto ukumkani, yaye akukho nto ifihlakeleyo kuye, ube wena ungayi kundithethelela.”

14UJowabhi wathi: “Hayi, andizi kudla xesha apha ngawe.” Uthathe iintshuntshe zantathu, wamgwaza ngazo entliziyweni uAbhasalom esaphila, ejinga kuloo mthi wom-oki.

15Emva koko kwafika ishumi lamadoda omkhosi kaJowabhi, amjikeleza uAbhasalom, amhlaba amgqibezela.

16Uthe uJowabhi makuvuthelwe isigodlo, iphele imfazwe, abuye amadoda awayesukela amaSirayeli.

17Awuthatha umzimba ka-Abhasalom, awuphosa emngxunyeni omkhulu owawulapho ehlathini, awugqumelela ngemfumba enkulu yamatye. Abaleka onke amaSirayeli, yayileyo indoda yajonga kowayo.

18Esaphila uAbhasalom wayezenzele ilitye lesikhumbuzo kwiNtili kaKumkani, kuba wayesithi: “Andinanyana oza kuvusa igama lam.” Walithiya ngegama lakhe. Unanamhla oku kusathiwa lilitye lesikhumbuzo lika-Abhasalom ukubizwa kwalo.

UDavide uxelelwa ngokufa kuka-Abhasalom

19Emva koko uAhimazi, unyana kaZadoki, wathi kuJowabhi: “Mandikhawuleze ndise kukumkani iindaba zovuyo zokuba uNdikhoyo umgwebele wamkhulula kwiintshaba zakhe.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

[20]UJowabhi wathi kuye: “Hayi, akukho zindaba zovuyo uya kuzisa kukumkani namhlanje. Loo nto uya kuyenza ngenye imini. Kaloku unyana kakumkani ufile.”

[21]Waza ke uJowabhi wathi kumfo waseKushe: “Yiya kuxelela ukumkani oko ukubonileyo.” Wakhahlela umKushe, wangena endleleni.

[22]UAhimazi unyana kaZadoki waphinda wathi kuJowabhi: “Kungehla okuhlayo, ndiyeke ndingene endleleni emva kwaloo mKushe.” “Kutheni wafuna ukuya ngokwakho kukumkani? Akukho mvuzo aza kukunika wona phofu,” utshilo uJowabhi.

[23]“Ndithe kuwe kungehla okuhlayo, ndifuna ukuhamba,” utshilo uAhimazi. Ke uJowabhi wathi: “Thatha khona!” Wasuka ke uAhimazi wangena endleleni, waya kuthi gubhu kulaa ntili yeJordan, wamshiya endleleni umKushe lowo.

[24]UDavide wayehleli kwindawo ephakathi kwamasango angaphakathi nawangaphandle kwesixeko. Kwesuka umlindi waya kukhwela phezu kodonga lwesixeko, wema ngapha kophahla lwesango, wondela, wabona kukho indoda ehamba yodwa, ibaleka.

[25]Wabhekisa ngezantsi kukumkani, wamxelela, waza ukumkani wathi: “Xa ehamba yedwa uzisa iindaba zovuyo.” Eso sigidimi saya sisondela ngokusondela.

[26]Ubuye wabona esinye isigidimi loo mlindi, wabhekisa kumgcini-masango wathi: “Nantso nenye indoda isiza ibaleka iyodwa.” Uthe ukumkani: “Nalowo usekwaza neendaba ezimnandi.”

[27]Uthe umlindi: “Ukubaleka kwakhe lo ungaphambili ngathi nguAhimazi unyana kaZadoki.” Ukumkani wathi: “Kowu, lilunga lomfo elo; usiphathele iindaba zovuyo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

28UAhimazi wabhekisa kukumkani wathi: “Izinto zihamba kakuhle!” Wafika
wakhahlela ejongise ubuso emhlabeni, wathi, “Mbonge uNdikhoyo uThixo
wakho! Uboyisile abo bebeyivukela inkosi yam ukumkani!”

29Ukumkani wathi: “Ngaba usindile umfana uAbhasalom?” Uphendule wathi
uAhimazi: “Mhlekazi, ngokuya bendithunywa nguJowabhi iphakathi lakho,
ndibone kukho isiphithi-phithi, phofu andingetsho ukuba bekutheni na.”

30Ukumkani wathi: “Khawume bucala ulinde.” Wahamba ke, waya kuma
bucala.

31Ke kaloku wafika umKushe, wathi kukumkani: “Ndize neendaba zovuyo,
mhlekazi, nkosi yam! Namhlanje uNdikhoyo ukugwebele waboyisa bonke abo
bebekuvukela.”

32Ukumkani wathi kumKushe: “Yena umfana uAbhasalom usindile phofu?”
UmKushe wathi: “Mhlekazi, bendinga into emhleleyo unyana wakho ibinga
ingenzeka kuzo zonke iintshaba zakho, nakwabo bakuvukelayo.”

33Ukumkani waba nengevane, wenyuka waya kwigumbi eliphezu kwesango,
wafika walila. Wayehamba elila, esithi: “Yini umntwana wam! Awu, nyana
wam Abhasalom, nyana wam Abhasalom! Akwaba ibindim ofileyo,
Abhasalom, nyana wam, nyana wam!”

2 Kasamweli 19

UJowabhi uthethisa uDavide

1UJowabhi waxelelwa kwathiwa: “Uyabona, ukumkani uzilile, elilela
uAbhasalom.”

2Ngaloo mini uvuyo loloyiso lwajika lwaba lusizi kuwo wonke umkhosi
kaDavide, kuba eva kusithiwa: “Ukumkani uzilile ngenxa yonyana wakhe.”

3Loo mkhosi wabuyela edolophini unyoshoza oku komkhosi obaleke edabini.

4Wazigquma ubuso ukumkani, watsho esikrakra isikhalo, esithi: “Yini
umntwana wam uAbhasalom! Abhasalom, nyana wam, nyana wam!”

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Wasuka uJowabhi, waya endlwini kakumkani, wafika wathi kukumkani:
“Namhlanje uwaphoxile amadoda omkhosi wakho, nditsho amadoda asindise
ubomi bakho, ubomi boonyana neentombi zakho, nabafazi bakho namaqadi
akho.

6Abo bakuthiyileyo uyabathanda, uze abo bakuthandayo ubathiye. Kucace
gca ukuba izinxiba-mxhaka zakho kwakunye namadoda omkhosi
akuzikhathalele. Ndiyabona ukuba namhlanje ngewuvuya ukuba ebengafanga
uAbhasalom, kufe thina endaweni yakhe.

7Hamba ke ngoku, uye kuthetha nawo uwancome la madoda, kuba ngomso
kusasa kobe kungekho nanye kuwo ehamba nawe, xa ungayenzanga loo nto.
Ndifunga uNdikhoyo! Loo nto ke yoba lelona shwangusha wakha wanalo
ebomini bakho ukususela ebutsheni bakho ukuza kuthi ga ngoku.”

8Usukile ukumkani, waya kuhlala ngasesangweni lesixeko. Axelelwa onke
amadoda kwathiwa: “Ukumkani uhleli ngasesangweni.” Abuthelana
ngakukumkani ke amadoda omkhosi wakhe.

UDavide ubuyela eJerusalem

Ngeli xesha ayeselebalekile onke amaSirayeli, indoda nganye iye kowayo.

9Afika axabana odwa kuwo wonke loo mmandla. Kwakukho athi: “UDavide
wawasindisa kwiintshaba zawo amaSirayeli, wawahlangula esandleni
samaFilistiya. Ngoku ubaleke uAbhasalom, walishiya lodwa ilizwe.

10UAbhasalom esamthambisa waba ngukumkani wethu, ngoku ufele edabini.
Ke kutheni kuthe cwaka nje malunga nokuphuthunywa kukakumkani
uDavide?”

11Ukumkani uDavide wathumela kooZadoki noAbhiyatare ababingeleli,
wathi: “Thethani namadoda amakhulu akwaJuda nithi: ‘Kutheni nina nibe
ngabokugqibela ukubuyisela ukumkani kwibhotwe lakhe? Kaloku
okuthethwayo ngamaSirayeli onke kufikile kukumkani endlwini yakhe.

12Kanti nina niyazalana naye, niligazi lakhe.’

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Yithini kuAmasa mna naye siyazalana, yaye uThixo uya kuba nento andenzayo, nditsho nokuba iqatha kangakanani, ukuba andimenzi injengele yomkhosi wam yonke imihla yobomi bam esikhundleni sikaJowabhi.”

14Loo mlomo kaDavide wazitsalela kuye iintliziyo zamadoda onke akwaJuda, aba mxhelo-mnye, aza athumela kukumkani athi: “Buyela ekhaya, wena kunye nabo bonke abantu abanawe.”

15Wabuya ukumkani, waya kufika kumlambo iJordan, wahlangatyezwa ngamadoda akwaJuda, awayeze kumkhawulela eGiligali amkhaphe ukuwela loo mlambo.

16Kwangelo xesha uShimeyi unyana kaGera wakwaBhenjamin eBhawurim, waphuthuma ukuya kuhlangabeza ukumkani uDavide eJordan.

17Wayehamba newaka lamadoda esizwe sakwaBhenjamin. UZibha, isicaka sakwakumkani uSawule, naye wayeze noonyana bakhe bolishumi linantlanu kunye namashumi amabini ezicaka, bakhawuleza bafika eJordan apho engekafiki ukumkani.

18Bawuwela umlambo ukuya kuphuthuma iqela likakumkani, bancede nakuloo nto ukumkani afuna yenziwe.

UDavide wenzela uShimeyi inceba

Kuthe xa ukumkani ezilungiselela ukuwela iJordan, weza uShimeyi, wazikhahlela phambi kwakhe,

19wathi: “Mhlekazi, ndixolele into endakwenza yona ngamhla uyishiya iJerusalem. Musukuba sandixhiba, ungabi sayicinga konke loo nto.

20Ndiyazi ukuba ndakona, mhlekazi. Yiyo ke loo nto ndingowokuqala kwindlu kaJosefu ukuza kufika apha, ndikukhawulele namhlanje.”

21Kwathetha uAbhishayi, unyana kaZeruya, wathi: “Makabulawe uShimeyi lo ngokuqalekisa umthanjiswa kaNdikhoyo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

22UDavide wathi: “Yintoni endidibanisa nani, bonyana bakaZeruya? Kutheni le nto nifana neentshaba kum namhlanje? Kaloku ndim ngoku ukumkani wakwaSirayeli; ngoko ke akukho mSirayeli uya kubulawa namhlanje.”

23Uqhube wathi ebhekisa kuShimeyi: “Akuyi kufa.” Waza ke ukumkani wathembisa oku ngesifungo.

Ububele bukaDavide kuMefibhoshete

24Kufike uMefibhoshete, umzukulwana kaSawule, naye eze kukhawulela ukumkani. Wayengazange azihlambe iinyawo, achebe amabhovu, nezambatho sezawagqibela kudala amanzi, okoko wemkayo eJerusalem uDavide kude kuze kuba yile mini abuya noloyiso.

25Uthe akufika evela eJerusalem, wathi kuye ukumkani: “Mefibhoshete, kwakutheni ukuze ungahambi nam?”

26Uphendule ngelithi uMefibhoshete: “Mhlekazi, nkosi yam, uyazi ukuba ndisisiqhwala. Ndathi isicaka sam uZibha masibophe idonki ndihambe ngayo ndikukhaphe, kodwa sona sasuka sandiphoxa.

27Saza kuxoka ngam kuwe, mhlekazi. Kambe ke wena mhlekazi, nkosi yam, usisithunywa sikaThixo – yenza loo nto ubona ifanele.

28Kwathi umzi kabawo umelwe kukubulawa, wena wathi mandiye kuhlala kwakho. Andisenako nokuba ndibe sacela isisa kuwe ngoku, mhlekazi.”

29Ukumkani wathi kuye: “Musa ukuba sathetha; ndigqibe kwelokuba wena noZibha nahlulelane ngomhlaba kaSawule.”

30UMefibhoshete wathi kukumkani: “Makakuthathe konke uZibha, mhlekazi. Mna ndixolile kukubona wena ubuyela ekhaya.”

UDavide wenzela uBhazilayi inceba

31UBhazilayi waseGiliyadi wayekho naye, evela eRogelim, eze kuphuthuma ukumkani eJordan.

32Wayesele eyinkonde emashumi asibhozo ubudala. Wayesisityebi, esoloko emondla ukumkani ngokuya wayeseMahanayim.

© 1996 Bible Society of South Africa.

33Ukumkani wathi kuBhazilayi: “Masiye eJerusalem, wondliwe ndim wena
ngoku.”

34Uthe uBhazilayi: “Mhlekazi, seyimbalwa imihla yokudla kwam ubomi;
ndiza kuba sahambela ntoni ukuya nokumkani eJerusalem?

35Sendimashumi asibhozo ubudala; akusekho nto imnandi nembi kum.
Ukutya nento eselwayo azisenancasa kum; andisawuva nomculo weemvumi
neemvumikazi. Ndingasuka ndibe ngumthwalo kuwe ngoku, mhlekazi, nkosi
yam.

36Noko andikufanelanga ukuba ukumkani andivuze ngolo hlobo. Ndiza
kuhamba nje ithutyana, ndikukhaphe uwele iJordan,

37emva koko ndijike ndigoduke, ndiye kufela ngakumathambo kabawo noma.
Nasi isicaka sakho uKimam; ungahamba naso, mhlekazi, usenzele loo nto
wena ubona ukuba isilungele.”

38Uthe ukuphendula ukumkani: “Makahambe nam uKimam; ndomenzela into
efunwa nguwe. Wena ndingakwenzela nantoni na oyifunayo.”

39Wayiwela ke iJordan ukumkani uDavide nawo onke amadoda omkhosi
wakhe. Uthe akuba ngaphesheya wajika wanga uBhazilayi, wamthamsanqela,
waza ke uBhazilayi wajika wagoduka.

UJuda noSirayeli babangisana ngekumkani

40Uthe akuwela ukumkani ekhatshwa ngawo onke amadoda akwaJuda
nenxalenye yamadoda akwaSirayeli, waya eGiligali. Wayelapho noKimam.

41Emva koko amaSirayeli onke aya kukumkani, afika athi: “Mhlekazi, ngaba
abantakwethu abaya bakwaJuda babuthathe phi ubuganga bokukuthatha
eJordan nomzi wakho uphela?”

42Onke amadoda akwaJuda awaphendula awakwaSirayeli athi: “Loo nto
siyenze ngenxa yokuba nathi sibanye nokumkani. Yintoni ke ekhathazayo
kuloo nto, engasihlawuleli nakutya nje, kungekho nanto asenzele yona?”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

43Aphendula amadoda akwaSirayeli athi kumadoda akwaJuda: “Sinebango eliphindwe kalishumi kunani kukumkani. Ke ngoko sinelungelo kuye kunani. Ngani ke ukuba nisidele? Sanukulibala ukuba sithi kaloku esathetha kuqala ngokulandwa kukakumkani.” Amadoda akwaJuda ayegadlela wona kunamaSirayeli ekwenzeni elawo ibango ngokumkani.

2 Kasamweli 20

UShebha uvukela ukumkani uDavide

1Apho eGiligali kwakukho itshijolo elithile lomfo ogama linguShebha, unyana kaBhikri wesizwe sakwaBhenjamin. Wasuka wabetha isigodlo sakhe, wamemelela esithi: “Asinasahlulo kuDavide, singenalifa kunyana kaJese. Elowo makaye endlwini yakhe, maSirayeli!”

2Ke onke amadoda akwaSirayeli amshiya uDavide, alandela uShebha unyana kaBhikri, kodwa wona amaJuda asala noDavide, amlandela ukusuka eJordan ada aya kutsho naye eJerusalem.

3Wathi uDavide akufika komkhulu eJerusalem, wawathatha lawo maqadi akhe alishumi ayesele ejonge ikomkhulu, wathi makajongwe ngabalindi. Wayebondla, kodwa akabuyanga ahlangane nabo, bahlala ubomi bobuhlolokazi bonke ubomi babo.

4UDavide wathi kuAmasa: “Wabize amadoda akwaJuda eze apha zingadlulanga iintsuku ezintathu.”

5Wahamba uAmasa, esiya kubiza amaJuda, kodwa akabuya ngosuku awayemiselwe lona ngukumkani.

6Uvakele esithi ukumkani kuAbhishayi: “Phofu uyaqonda na ukuba uShebha unyana kaBhikri uza kusenzela ingxwaba-ngxwaba nangaphezu koAbhasalom. Hamba nala madoda omkhosi wam, nimlandele engekayi kwiidolophu ezinqatyisiweyo, asithele emehlweni ethu.”

7Asuka ke amadoda ebutho likaJowabhi, nabalindi abangamaKreti namaPleti, nawo onke amagorha, anduluka eJerusalem, alanda ekhondweni likaShebha unyana kaBhikri.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Bathi bakufika ngakwelaa liwa laseGibheyon, bahlangana noAmasa. UJowabhi wayegaxele ezedabi, ikrele lisesingxobeni, sibotshelelwe ebhantini. Uthe akusondela lawa elo krele.

9UJowabhi wathi kuAmasa: “Uphila njani, mfo wethu?” Wamthi nqaku ngentshebe uAmasa ngesokunene isandla sakhe, eza kumanga.

10UAmasa wayengalilumkelanga ikrele elalisesandleni sikaJowabhi, wamhlaba ngalo esiswini, wamkhupha amathumbu. Wafa kwangoko, akwafuneka ukuba abuye amhlabe uJowabhi. Basuka apho uJowabhi nomntakwabo uAbhishayi bangena endleleni, belandela uShebha unyana kaBhikri.

11Enye kulaa madoda ayehamba noJowabhi yasala imi ngakweso sidumbu sika-Amasa, ikhwaza isithi: “Indoda engakwicala likaJowabhi noDavide mayilandele uJowabhi.”

12Isidumbu sika-Amasa esasilijaja ligazi sasiqungquluze phakathi endleleni. Loo ndoda yathi yakubona amadoda afika eme apho, yasirhuqela entsimini eso sidumbu, yasigquma ngengubo.

13Emva koko ke wonke umntu walandela uJowabhi, kuzingelwa uShebha unyana kaBhikri.

14UShebha wawutyhutyha wonke ummandla wezizwe zakwaSirayeli, wada waya kutsho kwidolophu iAbhele-bhete-mahaka, elandelwa nguwo wonke umzi wakwaBhikri.

15UJowabhi nomkhosi wakhe bamngqinga uShebha apho eAbhele-bhete-mahaka. Benza amanqwanqwa ngomhlaba okuqabela udonga lwangaphandle, bemba ngaphantsi kodonga, befuna ukuluwisa.

16Kweso sixeko kwakukho umfazi owayehlakaniphile. Wamemeza engaphakathi, wathi: “Khawuphulaphule apha. Nceda undibizele uJowabhi; ndifuna ukuthetha naye.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Efikile uJowabhi, wabuza loo mfazi wathi: “UnguJowabhi?” Wathi: “Ewe, ndinguye.” Umfazi lowo wathi kuye: “Khawuphulaphule ke, mhlekazi, oko isicakazana sakho sikuthethayo.” Yena wathi: “Ewe, qhuba, ndimamele.”

18Umfazi lowo wathi: “Kudala kwakudla ngokuthiwa: ‘Yiya kwidolophu iAbhele, uye kuvisa khona.’ Yayisenziwa ke loo nto.

19Le yidolophu exolileyo nethembekileyo kwaSirayeli; kutheni ke ngoku uyidiliza nje, utshabalalisa isixeko esingunozala kuSirayeli? Ngani ukuba ufune ukucima isixeko esililifa likaNdikhoyo?”

20Waphendula uJowabhi wathi: “Hayi, andingeke ndisidilize isixeko senu ndisicime.

21Asiyiyo injongo yam leyo. Kukho umfo okuthiwa nguShebha, unyana kaBhikri wakweleentaba kwaEfrayim; nguye oqale olu dushe ngokuvukela ukumkani uDavide. Mkhupheni ngaphandle; ndosiyeka esi sixeko.” “Kulungile, intloko yakhe soyijula ngaphandle kodonga,” utshilo loo mfazi.

22Wabuyela kubemi balapho necebo lakhe, bamnqumla intloko uShebha, bayijula ngaphandle kodonga kuJowabhi. Wasivuthela isigodlo, amadoda akhe ayeka ukusihlasela isixeko, agoduka. Wenjenjeya noJowabhi ukubuyela kukumkani eJerusalem.

Amaphakathi kaDavide

23Umphathi-mkhosi wakwaSirayeli yayinguJowabhi. Abalindi bakakumkani uDavide abangamaKreti namaPleti umphathi wabo yayinguBhenaya unyana kaJoyada.

24UAdoram yena wayephethe abo benza umsebenzi ngokunyanzelwa; uYoshafati yena, unyana ka-Ahiludi, wayengumgcini-manqaku,

25uSheva ingunobhala, ababingeleli inguZadoki noAbhiyatare.

26UIra waseJayire wayengomnye wababingeleli bakaDavide.

2 Kasamweli 21

Ukubulawa kwenzala kaSawule

© 1996 Bible Society of South Africa.

1Kwabakho indlala enkulu eyathatha iminyaka emithathu ngexesha kulawula
uDavide. UDavide wafuna ukuqonda kuNdikhoyo, waza uNdikhoyo wathi:
“Kungenxa kaSawule nokuphalaza kwendlu yakhe igazi mhla wababulalayo
abantu baseGibheyon.”

2Abantu baseGibheyon bebengengawo amaSirayeli. Babeliqaqobana lama-
Amori awathenjiswa ukukhuselwa ngamaSirayeli, kodwa uSawule walinga
ukuwatshabalalisa, kuba etshiseka ngenxa yenkqubela yamaSirayeli
namaJuda. UDavide ke wawabiza amaGibheyon,

3waza wathi kuwo: “Ngaba nifuna ndinenzele ntoni? Ndinganixolisa njani
ukuze nilithamsanqelise ilifa likaNdikhoyo?”

4Athi ukuphendula amaGibheyon: “Imbambano yethu noSawule nomzi
wakhe ayinakuze ilungiswe ngegolide nesiliva, yaye asizimiselanga
ukukhupha isixhiba ngokubulala namnye umSirayeli.” Yena wathi: “Ke
nifuna ndinenzele ntoni?”

5Athi kukumkani: “Indoda eyasitshabalalisayo, iceba ukusicima igama
kwimida yakwaSirayeli,

6masinikwe amadoda abe sixhenxe kwinzala yayo, aye kuxhonywa phambi
koNdikhoyo eGibheya, isixeko sikaSawule ukumkani owatyunjwa
nguNdikhoyo.” Ukumkani wathi: “Kulungile, ndiza kunikhululela.”

7UDavide wamsindisa uMefibhoshete, unyana kaJonatan unyana kaSawule,
ngenxa yesifungo awasenza kunye noJonatan phambi koNdikhoyo.

8Kodwa ke wakhupha uArmoni kunye noMefibhoshete, oonyana ababini
bakaRizpa intombi ka-Aya eyabazalela uSawule, kunye noonyana abahlanu
bentombi kaSawule uMerabhi eyabazalela uAdriyeli unyana kaBhazilayi
waseMehola,

9wabanikela esandleni sabantu baseGibheyon. Bona baya kubaxhoma
entabeni ngaphambi koNdikhoyo. Bafa bonke ngaxesha-nye. Ukufa kwabo
kwakungexesha lokuqalisa ukuvuna, ekuqaleni kokuvunwa kwerhasi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

10Emva koko uRizpa intombi ka-Aya wazenzela indlu yamarhonya kwelo litye babefele kulo, wahlala apho ukususela ngexesha lokuvuna kwada kwalixesha leemvula. Emini wayedla ngokugxotha amaxhalanga, aze ngokuhlwa agxothe amarhamncwa afuna ukudla ezo zidumbu.

11Wathi uDavide, zakufika kuye ezo ndaba zento eyenziwa nguRizpa iqadi likaSawule,

12waya kuthatha amathambo kaSawule noJonatan kubantu baseJabheshe eGiliyadi. (Babewabe endaweni yembutho yaseBhete-shan apho yayixhonywe khona imizimba yabo ngamhla amaFilistiya abulala uSawule kwintaba iGilibhowa.)

13Wemka nawo uDavide amathambo kaSawule noJonatan kwakunye nawabo basixhenxe babexhonywe apho.

14Bawafaka engcwabeni likaKishe uyise kaSawule amathambo kaSawule noJonatan eZela kummandla wakwaBhenjamin njengokomthetho kakumkani. Emva koko uThixo wayiva imithandazo yabo bethandazela ilizwe.

Amadabi kunye neengxilimbela zamaFilistiya
(1 Gan 20:4-8)

15Kwavuka enye imfazwe phakathi kwamaFilistiya namaSirayeli, wanduluka uDavide waya kulwa namaFilistiya enamadoda akhe. Balwa ke namaFilistiya, waza uDavide wadinwa kakhulu.

16Wasuka uIshbhi-bhenobhi wenzala kaRafa, ephethe umkhonto wobhedu obunzima bungaphezu kweekhilogram ezintathu, enekrele elitsha, wafuna ukubulala uDavide.

17Waza uAbhishayi, unyana kaZeruya, waya kunceda uDavide. Ufike wamhlasela loo mFilistiya, wamosela. Emva koko amadoda kaDavide enza isifungo athi: “Unakanye ukuba uphinde uye edabini kunye nathi, hleze isibane sakwaSirayeli sicinywe.”

18Emva kwelo dabi kwabakho elinye idabi namaFilistiya eGobhi, apho uSibhekayi waseHusha wabulala uSafu wenzala kaRafa.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Kuphinde kwabakho elinye idabi kunye namaFilistiya kwaseGobhi apho,
waza uEl-hanani, unyana kaJayire umluki waseBhetelehem, wabulala khona
uGoliyati waseGati owayephethe umkhonto ongangesibonda.

20Kubekho elinye idabi eGati, apho kwakukho ingxilimbela eyayikuthanda
kunene ukulwa. Yayiyinto eminwe mithandathu kwisandla ngasinye,
ineenzwane ezintandathu kunyawo ngalunye, amashumi amabini anesine
ukutsho. Nayo yayiyinzala kaRafa.

21Yawathuka amaSirayeli, yabulawa nguJonatan unyana kaShama
umntakwabo-Davide.

22Bobane aba babeyinzala kaRafa eGati. Babulawa nguDavide namadoda
akhe.

2 Kasamweli 22

Ingoma kaDavide yoloyiso

(Ndum 18)

1UDavide wabhekisa lo mhobe kuNdikhoyo mhla wamkhulula kwiintshaba
zakhe nasesandleni sikaSawule.

2Wathi: NguNdikhoyo iliwa lam; nguye inqaba yam; nguye umkhuseli wam.

3Xa ndizimele ngoThixo wam ndihlala ndikhuselekile. Nguye ikhaka lam;
nguye ondigcina ndifihlakele. Nguye inqaba yam ephakamileyo; nguye
isikhundla sam sokuzimela. Mhlanguli wam, nguwe ondisindisayo kumadoda
anogonyamelo.

4Ndithi ndakukhala kuNdikhoyo, asuke andithi hlasi kwiintshaba zam.
Ngenene, makabongwe uNdikhoyo!

5Bendintlithwa ngamaza abulalayo, amaza arhaxayo endigubungele.

6Ukufa bekundirhangqile, ingcwaba selivuleke lithe ng'aa.

7Ndazibika kuNdikhoyo ndikuloo ngxingongo; ewe, ndabiza kuThixo wam.
Wandiva engqendeve kwibhotwe lakhe, savakala kuye isikhalo sam.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Suka wagungqa wanyikima umhlaba, isibhakabhaka sangcangcazela, kuba uThixo wayenomsindo.

9Kwathi phoko umsi emathatheni akhe, walephuza amadangatye ngomlomo, kuliqika amalahle avuthayo.

10Wasikrazula isibhakabhaka wehla engqendeve phezu kwelifu elimnyama.

11Wandanda ngenqwelo yezithunyw' ezimaphiko, itshebeleza ngesantya emoyeni.

12Wayethiwe gqume sisithokothoko, kumnyama thsu; engqingwe ziingqimba zamafu anemvula,

13kutshawuza imibane ngaphambi kwakhe, kunga kuvutha amalahle.

14Wazongoma esibhakabhakeni uNdikhoyo, lavakala ilizwi loPhezukonke.

15Wadubula ngeentolo zakhe, zee qhu saa iintshaba, eziswantsulisa ngokugqekreza kwemibane.

16Watsho zoma qoko iilwandle, kwatsho kwavela nezisekelo zelizwe, akukhalima yena uNdikhoyo, egragramela iintshaba enomsindo.

17Wehla, wandithi hlasi uNdikhoyo, wandihlangula kumanzi enzonzobila.

18Wandihlangula kwiintshaba zam nakwabo bandichasayo, bendivuyelela.

19Bandihlasela ndisengxingweni, wandikhusela yena uNdikhoyo.

20Wandihlangula ndisengozini, wandisindisa kuba ekholisekile ndim.

21Wandivuza uNdikhoyo kuba ndandilungisa; wandithamsanqela kuba ndimsulwa.

22Umthetho kaNdikhoyo ndiyawuthobela; andimfulathelanga uThixo wam.

23Yonke imiyalelo yakhe ndiyigcinile; andayaphula imithetho yakhe.

24Uyandazi ukuba andonanga; ndiyazilumla ekwenzeni ububi.

25Ngoko ke uyandivuza kuba ndisenza okulungileyo; uyandivuza kuba akukho sikhwa kum.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

26Uthembekile, Ndikhoyo, kwabo bathembekileyo; ubenzela ububele abo bandlela zithe tse.

27Umsulwa kwabo bamsulwa; uchasene nabo bangamatshijolo.

28Ungumsindisi wabathobekileyo, obabone benekratshi ubathobe.

29Usisibane sokundikhanyisela, wena Ndikhoyo; nguwe ondigxothela ubumnyama.

30Ewe, ngawe ndingawuchitha-chitha nomkhosi, ngamandla akho ndilutsibe nongqameko lwawo.

31Hayi bo, zigqibelele izinto azenzayo lo Thixo! Hayi ukuthembeka kwelizwi lakhe! Uyabakhusela bonke abo bathembela ngaye.

32NguNdikhoyo yedwa uThixo; nguye kuphela osikhuselayo;

33ewe, nguThixo oyinqaba yam; nguye oyenza iphumelele indlela yam.

34Undicondobisa kuhle njengenxala, andichankcathise emaweni ndingatyibiliki.

35Undiqhelisa ukulwa edabini, andifundise ukugoba isaphetha esomeleleyo.

36Ndikhoyo, undinike ikhaka lokuhlanganisa; undibonelele ndatsho ndazimaseka.

37Undimise endaweni ephangaleleyo; azinakutyibilika kuyo iinyawo zam.

38Ndizisukela ndizoyise iintshaba zam; andijiki ndide ndizitshabalalise.

39Ndizithi ntshinte-ntshinte zingavuki tu, ziqungquluze apha phambi kwam.

40Undinika amandla edabini, undoyisele iintshaba zam.

41Ziyandoyika iintshaba zam; abandithiyileyo ndibatshabalalisile.

42Ziba ngafuna uncedo zingancedwa bani; ziba ngazibika kuNdikhoyo angaphenduli.

43Mna ndizicumza zibe njengothuli, ndizinyhashe okodaka endleleni.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

44Wena wandihlangula ekuvukelweni ngamawethu, walimisa igunya lam
elizweni, ndada ndaphatha nabo bendingabazi.

45Ndikhahlelwa nangabasemzini abantu; bayandithobela bakuwuva umthetho
wam.

46Baphuma kwiinqaba zabo begubha, bephelelwe sisibindi xa bebonke.

47Huntshuu! Khul' ud' ukhokhobe, Ndikhoyo! Mawubongwe wena mkhuseli
wam, Thixo ongumhlanguli wam!

48Wena undoyisela iintshaba zam; wena ugoba iintlanga zindikhahlele;

49wena undihlangula kwabandichasayo! Ewe, undoyisele iintshaba zam,
wandikhusela kubaphalazi-gazi.

50Ngoko ke ndiya kukubonga phakathi kwezizwe, ndityibele ndivuma
umbongo wakho, Ndikhoyo.

51NguThixo omnika uloyiso ukumkani, amenzele izibele umthanjiswa wakhe,
uDavide nayo yonke inzala yakhe kude kuse ephakadeni.

2 Kasamweli 23

Umyolelo kaDavide

1Nanku ke umyolelo kaDavide: Utsho uDavide unyana kaJese, itsho indoda
eyaphakanyiselwa phezulu, umthanjiswa kaThixo kaYakobi, iciko leengoma
kwaSirayeli.

2UMoya kaNdikhoyo uthetha ngomlomo wam; ilizwi lakhe lisencakameni
yolwimi lwam.

3Uthethile uThixo kaSirayeli; iliwa lokhuselo likaSirayeli libhekise kum lathi:
“Lowo kumkani ulawula ngobulungisa, lowo ulawula esoyika uThixo,

4uqaqamba ngokwelanga ngomsobomvu ngentsasa engenamafu, lona
liqaqambis' umhlaba emva kwemvula, lintshulise ingca emhlabeni.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5UThixo ukuzinzisile ukulawula kwenzala yam, kub' undenzel' umnqophis' ongasoz' ujike, umnqophis' ongayi kwaphulwa, dinga elingagugiyo. Uya kuluphumelelisa usindiso lwam, awufezekise wonke umnqweno wam.

6Kodwa amatshijolo ngamev' alahliweyo; ziinkuni ezingathezwayo ngokuhlaba.

7Wona abanjwa ngesixhobo sentsimbi, okanye atyhalwe ngomphini womkhonto, atshiselwe kuloo ndawo akuyo.

Amagorha kaDavide
(1 Gan 11:10-41)

8Ngawo la amagama amagorha omkhosi kaDavide: nguYoshebhe-bhashebhete waseTakemon kuqala, owayeyinkokheli yamagorha amathathu. Walwa namakhulu asibhozo amadoda eyedwa, wawabulala onke ngomkhonto wakhe kwidabi elinye.

9Olandelayo nguElazare unyana kaDodo umAhoyi. Engomnye wamagorha amathathu nje, yena wayekunye noDavide xa bacela umngeni kumaFilistiya awayeze edabini. Abuya umva amaSirayeli,

10kodwa yena wangena kuwo amaFilistiya, wabetha sada isandla sakhe sagogeka yinkantsi, watsho akabi nako ukuliyeka ikrele lakhe. UNdikhoyo watshatshela edabini loo mini. Igalelo labalandeli bakaElazare kwelo dabi yaba kukuthimba impahla yabawileyo.

11Olandelayo nguShama unyana ka-Age waseHarari. Waqubisana namaFilistiya eLehi ngasentsimini yeentlumayo. Abaleka amaSirayeli,

12wema yena uShama, walwa ekhusela loo ntsimi, afa amaFilistiya, watshatshela uNdikhoyo.

13Kwakha kwathi kanye xa kusondela ixesha lokuvuna, kwasuka isithathu kuloo madoda angamashumi amathathu aziintloko zomkhosi kaDavide, saya kuye kumqolomba waseAdulam, lo gama wona umkhosi wamaFilistiya umise ngakwintili yamaRafa.

© 1996 Bible Society of South Africa.

14Ngelo xesha uDavide wayesezintabeni kwindawo enqabileyo, kukho ibutho
lamaFilistiya eBhetelehem.

15UDavide wanxanwa, waza wathi: “Akwaba bekungakho mntu undiphathela
amanzi kwelaa qula lingasesangweni eBhetelehem.”

16Loo magorha mathathu ke atyhoboza apho kuloo maFilistiya, aya kukha
amanzi apho kwelo qula lingasesangweni eBhetelehem, abuya nawo, awanika
uDavide. Kambe ke uDavide wala ukuwasela, ndaweni yaloo nto wawachitha,
esenza umnikelo ngawo kuNdikhoyo, esithi:

17“Andinakuze ndiwasele la manzi, Ndikhoyo. Loo nto ingafana nqwa
nokusela igazi lala madoda abubeke esichengeni ubomi bawo.” UDavide wala
ukuwasela loo manzi. Zazinjalo ke izigigaba zaloo magorha mathathu.

18UAbhishayi, umntakwabo-Jowabhi, onina unguZeruya, yayinguye inkokheli
yamashumi amathathu amagorha. Yena ngomkhonto wakhe walwa
namadoda angamakhulu amathathu, wawabulala, watsho wabalasela
njengaloo magorha mathathu.

19Ewe, waba yimbalasane njengaloo magorha mathathu, waba yinkokheli
yelo qela lingamashumi amathathu, noxa engabandakanywanga kuloo
magorha mathathu.

20Enye indoda eyayitshatshele ngemisebenzi yobugorha nguBhenaya unyana
kaJoyada waseKabhezeli. Yena wabulala iintshatsheli zamaMowabhi
ezimbini. Kwakhona ngemini ekwakukhithika ngayo waya kungena
emhadini, wabulala khona ingonyama.

21Wabulala nesigantsontso somJiputa ophethe umkhonto. UBhenaya
wamgqebha ngebhunguza, hlasi loo mkhonto, wamgwaza kwangawo loo
mJiputa.

22Zazinjalo ke izigigaba zikaBhenaya unyana kaJoyada; naye wayedume
njengaloo magorha mathathu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

23Wayebalasele phakathi kwaloo magorha angamashumi amathathu, kodwa wayengabandakanywanga kuloo magorha mathathu. UDavide wamenza inkokheli yabalindi bokumkani.

24Kuloo magorha angamashumi amathathu kwakukho aba: YayinguAsayeli umntakwabo-Jowabhi, uEl-hanani unyana kaDodo waseBhetelehem,

25uShama waseHarodi, uElikana waseHarodi,

26uHeleze wasePeleti, kunye noIra unyana kaIkeshe waseTekowa.

27Wayelapho uAbhiyezere waseAnatoti, noMebhunayi waseHusha,

28uZalmon waseAhoyi, kwakunye noMaharayi waseNetofa,

29uHelebhe unyana kaBhana waseNetofa, noItayi unyana kaRibhayi waseGibheya kwaBhenjamin.

30Wayelapho uBhenaya wasePiraton, uHidayi wamaxandeka aseGahashe,

31kunye noAbhiyalebhon waseBhete-arabha, uAzemavete waseBhawurim,

32noEliyabha waseShalebhon. Zazilapho iinto zikaYashene, noJonatan

33unyana kaShama waseHarari, kunye noAhiyam unyana kaSharare waseHarari,

34uElifelete, unyana ka-Ahasebhayi waseMahaka, uEliyam unyana ka-Ahitofele waseGilo,

35uHezero waseKarmele, uParayi waseArbhi,

36uIgali unyana kaNatan waseZobha, uBhani wakwaGadi,

37uZeleki umAmon, noNaharayi waseBheroti umphathi-zikrweqe zikaJowabhi, unyana kaZeruya.

38Wayelapho uIra waseItri, noGarebhe waseItri,

39kunye noUriya umHeti. Babengamashumi mathathu anesixhenxe xa bebonke.

2 Kasamweli 24

© 1996 Bible Society of South Africa.

UDavide wenza ubalo
(1 Gan 21:1-27)

1Wabuya wavutha umsindo kaNdikhoyo ngakumaSirayeli, waza waxhokonxa
uDavide ukuchasana nawo, esithi: “Yiya uwabale amaSirayeli namaJuda.”

2UDavide ukumkani uyalele uJowabhi umphathi-mkhosi owayekunye naye,
wathi: “Zibale zonke izizwe zakwaSirayeli, ukususela kwaDan kuse
eBheshebha, khon' ukuze ndilazi inani labantu.”

3Ke yena uJowabhi wathi kukumkani: “Ngamana uNdikhoyo uThixo wakho
wabandisa kalikhulu abantu, aze amehlo enkosi yam ukumkani ayibone loo
nto. Kodwa ke, nkosi yam mhlekazi, ngani ukuba ufune ukwenza into enje?”

4Kambe ke ilizwi likakumkani laboyisa ooJowabhi nabaphathi-mkhosi, baza
ke bahamba bamshiya ukumkani, baya kubala uluntu lwakwaSirayeli.

5Bawuwela umlambo iJordan, baya kuqalisa emazantsi eArohere kwisixeko
esasisembindini wentlambo kummandla wakwaGati. Besuka apho baya
emantla weYazere,

6bedlulela eGiliyadi nakummandla waseTatim-hodeshe, baya kutsho kwaDan-
yahan, benjenjeya ukusa eSidon.

7Besuka apho bajonga emazantsi kwidolophu yaseTire eyayinqatyisiwe, baya
badlulela nakuzo zonke iidolophu zamaHivi namaKanana, baya kugqibela
ngeBheshebha ekumzantsi welakwaJuda.

8Babuyela eJerusalem emva kweenyanga ezilithoba namashumi amabini
eentsuku, sele belityhutyhile lonke elo lizwe.

9UJowabhi ke wamchazela ukumkani inani lamadoda akulungeleyo
ukubhaliswa emkhosini. KwaSirayeli yaba ngamakhulu asibhozo amawaka
amadoda akwaziyo ukusebenzisa ikrele, kwaza kwaJuda yaba ngamakhulu
amahlanu amawaka.

10Kusuke kwathi akuba elwenzile olo balo uDavide wangenwa kukuba
nomva-ndedwa. Waza ke wazibika kuNdikhoyo wathi: “Ndenze into embi

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

gqitha ngesi senzo, Ndikhoyo. Ngoko ke ndiyakubongoza, bususe ubutyala bam, mna sicaka sakho. Ndenze into yobutyhakala.”

11Ekuvukeni kukaDavide ngentsasa elandelayo ilizwi likaNdikhoyo laliselifikile kumshumayeli uGadi, imboni kaDavide, lisithi:

12“Hamba uye kuthi kuDavide: ‘Utsho uNdikhoyo ukuthi: Ndikubekela izinto ezintathu. Khetha ibe nye kuzo, ndize ke mna ndikwenze loo nto.’ ”

13UGadi ke waya kuDavide, wafika wamxelela esithi: “Khetha phakathi kweminyaka esixhenxe yendlala ezweni lakho, okanye iinyanga ezintathu ubalekana neentshaba zakho xa zona zikusukela, okanye iintsuku ezintathu kukho isibetho sikabhubhani ezweni lakho. Cingisisa ugqibe, undinike impendulo emandiyise kulowo undithumileyo.”

14UDavide waphendula wathi kuGadi: “Ndisengxakini enkulu. Kodwa ke kubhetele siwele ezandleni zikaNdikhoyo, kuba inkulu inceba yakhe. Ewe, andikunqweneli ukuwela ezandleni zabantu.”

15Ngoko ke uNdikhoyo wathumela isibetho sikabhubhani kwaSirayeli. Saqalisa kwangentsasa yangaloo mini, kwada kwaya kutsho kwelaa xesha wayelimisele. Kwafa amashumi asixhenxe amawaka abantu ukusukela kwaDan kuye kutsho eBheshebha.

16Kwathi xa isithunywa sikaNdikhoyo sasisolula isandla siza kutshabalalisa iJerusalem, uNdikhoyo wazijika iimbono zakhe ngenxa yaloo ntlekele, waza wathi kwisithunywa esasitshabalalisa abantu: “Kwanele! Sirhoxise isandla sakho.” Oku kwenzeke xa kanye isithunywa sasingakwisanda sokubhula sika-Aravena umJebhusi.

17Akusibona uDavide eso sithunywa sasibhubhisa abantu, wathi kuNdikhoyo: “Ndim owonileyo wenza ubugwenxa. Aba bantu bona banjengeegusha; akukho nto bayenzileyo. Isandla sakho masohlwaywe mna kunye nomzi kabawo.”

UDavide wakha iqonga lamadini

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

18Kwangaloo mini uGadi waya kuDavide, wathi kuye: “Hamba uye kwakhela
uNdikhoyo iqonga lamadini esandeni sokubhula sika-Aravena umJebhusi.”

19Ngoko ke uDavide waya wayenza loo nto ayiyalelwe nguGadi ngokomlomo
kaNdikhoyo.

20Wathi akukhangela uAravena, wabona ukumkani esiza kuye ehamba
namaphakathi akhe. Waphuma uAravena, wakhahlela ejongise ubuso
emhlabeni phambi kokumkani.

21Waza uAravena wathi: “Kungani ukuba ukumkani inkosi yam eze kwisicaka
sakhe?” Waphendula ukumkani uDavide wathi: “Ndize kuthenga esaa sanda
sokubhula sakwakho, ndize ndakhele kuso uNdikhoyo iqonga lamadini, khon'
ukuze isibetho sikabhubhani sinqamke ebantwini.”

22Wathi uAravena kuDavide: “Inkosi yam ukumkani mayithathe konke
okukholekileyo kuyo, yenze idini. Naziya iinkabi zeenkomo zokwenza idini
elitshiswayo. Naziya nezileyi zokubhula kunye needyokhwe zokwenziwa
iinkuni.

23Zonke ezi zinto, mhlekazi, uAravena uzinika ukumkani.” Waza waqhuba
uAravena wathi kukumkani: “Ubenga uNdikhoyo uThixo wakho
angakwamkela.”

24Kambe ke ukumkani uphendule uAravena wathi: “Ngunotshe lowo! Ndiza
kulihlawula ixabiso lazo. Andingekhe ndinikele kuNdikhoyo amadini
atshiswayo ngento endingadlekanga ngayo.” UDavide wasithenga ke eso
sanda sokubhula kunye neenkabi zeenkomo ngexabiso elingamashumi
amahlanu eesiliva.

25UDavide ke wakhela uNdikhoyo iqonga lamadini apho, waza wenza
amadini atshiswayo kunye nawobudlelwana. Wakuva uNdikhoyo
ukuthandazelwa kwelizwe, satsho saphela isibetho sikabhubhani kwaSirayeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1 Yookumkani

1 Yookumkani 1

UDavide ekwaluphaleni kwakhe

1Ngoku ke ukumkani uDavide wayeyindoda eyalupheleyo, iminyaka yakhe seyihambile. Wayekhathazwa kukugodola, kuba wayengafudumali noba selefunjelwe ngeengubo ezininzi.

2Ke kaloku amaphakathi akhe athetha naye athi: “Masikukhangelele intombi nto, mhlekazi, ukuze ikulungiselele ikonge, ilale kufuphi nawe, ufudumale, mhlekazi.”

3Behla benyuka ke apho kwaSirayeli, bekhangela loo nzwakazi, bada ke bafumana uAbhishagi umShunemikazi. Bamthatha ke, bamzisa apho kukumkani.

4Intombi le ke yayiyinzwakazi ecikizekileyo. Yamonga ke ukumkani, yamlungiselela, kambe ke yena ukumkani zange ayambathe.

UAdoniya ufuna ubukhosi

5Ke kaloku uAdoniya, unyana kakumkani, onina yayinguHagiti, wazigqatsa wathi: “Ndiza kuba ngukumkani.” Wazilungiselela iinqwelo namahashe, kananjalo wandulelwa ngamashumi amahlanu amadoda.

(6Kaloku uyise wayengazanga amngxolise athi kuye: “Uyenzeleni into enje?” Yena wayesalekela uAbhasalom, ibe ke umfo lo eyinzwana.)

7UAdoniya ke wathetha-thethana noJowabhi unyana kaZeruya, kunye noAbhiyatare owayengumbingeleli, baza ke bona bamxhasa.

8Ke yena umbingeleli uZadoki, noBhenaya unyana kaJoyada, nomshumayeli uNatan, noShimeyi, noReyi, kunye noolindikhaya bakaDavide, zange bahambisane noAdoniya.

9UAdoniya wathatha iigusha neenkomo namathole atyetyisiweyo wenza idini elityeni likaZohelete ngase-En-rogeli. Wabamema bonke abaninawe bakhe,

© 1996 Bible Society of South Africa.

oonyana bakakumkani, nawo onke amadoda akwaJuda angamaphakathi komkhulu.

10Kodwa ke wabashiya abashumayeli uNatan noBhenaya noolindikhaya kunye nomninawa wakhe uSolomon.

UNatan noBhashebha bathetha noDavide

11UNatan wabuza kuBhashebha unina kaSolomon wathi: “Uvile nje ukuba uAdoniya ozalwa nguHagiti bamenze ukumkani ngaphandle komhlekazi uDavide?

12Yiva ke, ndikucebise, ukuze usinde, usindise nobomi bonyana wakho uSolomon.

13Yiya kukumkani uDavide, uthi kuye: ‘Mhlekazi, kumkani, kanene wawungafunganga kum wathi: “Ngenene unyana wakho uSolomon woba ngukumkani emva kwam, angene esihlalweni sam”? Ngani ke ngoku kungene uAdoniya abe ngukumkani?’

14Ke kaloku uya kuthi usathetha njalo nokumkani, nam ndingene ndikungqinele kuloo nto uyithethayo.”

15Ngenene ke wangena uBhashebha, waya kuyibona ingwevu leyo ingukumkani, isegumbini layo lokulala, apho yayihleli noAbhishagi umShunemikazi eyilungiselela.

16UBhashebha wavova, waguqa phambi kokumkani. Ukumkani wathi: “Kukho nto na uyifunayo?”

17Ke kaloku waphendula wathi: “Mhlekazi, andithi kanene nguwe ngokwakho owafungayo apha kum, mna sicakazana sakho, wabhambathisa ngoNdikhoyo uThixo wakho usithi: ‘USolomon unyana wakho uya kuba ngukumkani esikhundleni sam, angene esihlalweni sam’?

18Kodwa ke ngoku nanko uAdoniya engukumkani ngaphandle kwakho, mhlekazi kumkani, wena ungazi nto ngaloo nto.

© 1996 Bible Society of South Africa.

19Wenze idini ngentaphane yeenkomo, amathole atyetyisiweyo, neegusha.
Futhi ubamemile noonyana bakho, kunye nombingeleli uAbhiyatare
nenjengele yomkhosi uJowabhi. Kambe ke akammemanga uSolomon isicaka
sakho.

20Kambe ke, mhlekazi kumkani, uSirayeli ewonke ujonge kuwe, ulindele
ukuva ngawe ukuba ngubani na oza kungena ahlale esikhundleni sakho emva
kwakho.

21Kungenjalo ke, mhlekazi, uya kuthi nje ukuba ufe ulaliswe nooyihlo, mna
nonyana wam uSolomon siphathwe njengabangcatshi."

22Uthe esathetha nokumkani njalo, wagaleleka umshumayeli uNatan.

23Waxelelwa ke ukumkani kwathiwa: "Nanku umshumyeli uNatan." Wangena
ke, waya kukumkani, wafika wakhahlela, waqubuda ngobuso bakhe
emhlabeni.

24UNatan wathi: "Ngaba nguwe na, mhlekazi kumkani, othe uAdoniya uya
kuba ngukumkani emva kwakho, angene esihlalweni sakho?

25Kaloku namhlanje uye kwenza idini ngentaphane yeenkomo, amathole
atyetyisiweyo, kunye neegusha. Ubamemile bonke oonyana bakho, iinjengele
zomkhosi, nombingeleli uAbhiyatare. Ngoku nâbo besela bemana
bedanduluka besithi: 'Khul' ud' ukhokhobe, kumkani Adoniya!'

26Phofu ke akammemanga umbingeleli uZadoki, nam sicaka sakho,
noBhenaya unyana kaJoyada, kunye noSolomon isicaka sakho.

27Mhlekazi kumkani, ingaba nguwe lo wenze into enje ungazazisanga izicaka
zakho ukuba ngubani na oya kungena ahlale esikhundleni sakho xa
ungasekho?"

UDavide umisela uSolomon

28Ukumkani uDavide wathi: "Ndibizeleni uBhashebha." Weza ke, wafika
wema phambi kokumkani.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

29Ke kaloku ukumkani wafunga wathi: “Ekho nje uNdikhoyo, yena
owandihlangulayo kuzo zonke iinkathazo,
30inene namhlanje ndiza kuyifezekisa into endakufungela yona ngoNdikhoyo
uThixo kaSirayeli, ndisithi: ‘Unyana wakho uSolomon uya kuba ngukumkani
emva kwam, angene esihlalweni sam.’ ”
31UBhashebha wavova, ejonge phantsi, waguqa phambi kokumkani, wathi:
“Phil' ud' ukhokhobe, mhlekazi kumkani Davide!”
32Ukumkani uDavide wathi: “Ndibizeleni umbingeleli uZadoki,
nomshumayeli uNatan, noBhenaya unyana kaJoyada.” Bafika ke phambi
kokumkani,
33waza wathi kubo: “Thathani amaphakathi am, unyana wam uSolomon
nimkhwelise kwimbongolo yam, niye eGihon,
34khona apho ke umbingeleli uZadoki nomshumayeli uNatan bamthambise
bammisele abe ngukumkani wakwaSirayeli. Ze nivuthele isigodlo,
nidanduluke nithi: ‘Khul' ud' ukhokhobe, kumkani Solomon!’
35Emva koko ke ze nibuye naye, aze kungena ahlale esihlalweni sam, alawule
endaweni yam. Ndimtyumbile ukuba abe ngukumkani kwaSirayeli
nakwaJuda.”
36Ke yena uBhenaya unyana kaJoyada wamphendula ukumkani wathi:
“Makube njalo! Ngamana watsho noNdikhoyo uThixo wenkosi yam
ukumkani!
37Njengoko uNdikhoyo wayenenkosi yam ukumkani, ngokunjalo makabe
naye uSolomon, ulawulo lwakhe lwande ludlule olwenkosi yam ukumkani
uDavide.”
38Behla ke, umbingeleli uZadoki, umshumayeli uNatan, uBhenaya unyana
kaJoyada, nabalindi abangamaKreti namaPleti, uSolomon bemkhwelise
kwimbongolo kakumkani uDavide, baya naye eGihon.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

39Ke kaloku umbingeleli uZadoki waluthatha uphondo lwamafutha
awayelufumene esibingelelweni, waza ke wathambisa uSolomon ngaloo
mafutha. Bakhalisa isigodlo, baza bonke abantu bakhwaza bathi: “Phil' ud'
ukhokhobe, kumkani Solomon!”

40Loo nginginya yabantu ke yamlandela, ihamba ikhalisa amaxilongo, igcobe
kangangokuba isingqi sabo sawunyikimisa umhlaba.

41UAdoniya nâbo wayebamemile bayiva le ntshukumo, xa kanye
baliphethayo itheko labo. Akusiva isandi sesigodlo uJowabhi wabuza wathi:
“Ngaba yeyantoni le ngxokolo ivakala esixekweni?”

42Esabuza njalo kwathi gqi uJonatan unyana wombingeleli uAbhiyatare.
UAdoniya wathi: “Ngena! Umntu ohlonipheke njengawe lo unokuba
usiphathele iindaba ezimnandi.”

43UJonatan waphendula wathi kuAdoniya: “Hayi bo! Umhlekazi ukumkani
uDavide umisele uSolomon wangukumkani.

44Ukumkani umkhuphe nombingeleli uZadoki nomshumayeli uNatan,
uBhenaya unyana kaJoyada, nabalindi abangamaKreti namaPleti;
bamkhwelise kwimbongolo kakumkani.

45Ke umbingeleli uZadoki nomshumayeli uNatan bamthambisele eGihon
wangukumkani. Basuke apho benemincili; nangoku ke kusathe nkxwe
esixekweni. Loo ntswahla uyivayo ngabo.

46Ewe, uSolomon selengene esihlalweni phaya ebhotwe.

47Namaphakathi akomkhulu nango evuyisana nomhlekazi ukumkani uDavide
esithi: ‘Ngamana uThixo angalenza labalasela ngaphezu kwelakho igama
likaSolomon, nolawulo lwakhe aluqaqambise ngaphezulu!’ Nokumkani ke
suka wathelela enqula esemandlalweni wakhe.

48Ewe, usuke wathi: ‘Makabongwe uNdikhoyo uThixo kaSirayeli, othe
namhlanje wandenzela inyhweba yokuba ndimbone ngawam amehlo lowo
uthatha isihlalo esikhundleni sam.’ ”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

49Lakuziva ezi ndaba iqela lika-Adoniya lothuka lachithakala ngoko nangoko.

50Ke yena uAdoniya ngokoyika uSolomon wasuka waya kubambelela ngeempondo zeqonga lamadini.

51Waxelelwa ke uSolomon kwathiwa: “UAdoniya nanko ebambelele ngeempondo zeqonga lamadini kuba esoyika ukumkani uSolomon. Uthi: ‘Ukumkani uSolomon makafunge namhlanje, athembise ukuba akayi kundifaka ikrele andibulale mna sicaka sakhe.’ ”

52USolomon wathi: “Ukuba ufumaniseke engumfo onyanisekileyo, akayi kuba nawo nowempumlo umkrwelo; kambe ke, ukuba ufumaniseke enobubi, uza kufa.”

53Ukumkani uSolomon wathumela amadoda, amphuthuma apho eqongeni lamadini uAdoniya. Ke uAdoniya weza wafika wakhahlela apho kukumkani uSolomon. Ke uSolomon wathi kuye: “Kulungile, goduka.”

1 Yookumkani 2

Umyolelo kaDavide

1Lithe lakufika ixesha lokunduluka kukaDavide emhlabeni, wamyalela unyana wakhe uSolomon wathi:

2“Mna sendiza kuwushiya umhlaba. Ngoko ke wena yomelela ngokwendoda,

3ungaphazami ukuhamba ngokwesimiso sikaNdikhoyo uThixo wakho. Hamba endleleni yakhe, uyithobele imimiselo nemithetho yakhe, nayo yonke imigaqo nemiqathango ayimisileyo, njengoko yabhalwayo emthethweni kaMosis. Xa usenjenjalo ke, uya kuba nenkqubela kuyo yonke into oyenzayo, uphumelele naphi na apho ukhoyo.

4Ke yena uNdikhoyo wosifezekisa isithembiso sakhe kum. Kaloku yena wathi: ‘Ukuba izizukulwana zakho zithe zaziphatha ngendlela efanelekileyo, zanyaniseka, zathembeka kum ngentliziyo yonke nangomphefumlo wonke, ngenene soze ingabikho indoda yendlu yakho kwisihlalo solawulo lwakwaSirayeli.’

© 1996 Bible Society of South Africa.

5“Ngoku ke, mfo wam, uyayazi into awandenza yona uJowabhi unyana kaZeruya, nditsho into awayenzayo kwiinjengele ezimbini zomkhosi kaSirayeli, uAbhinere unyana kaNere noAmasa unyana kaYetere. Kaloku wababulala, waliphalaza igazi labo ngexesha loxolo, kwanga kusemfazweni, wayidyobha ngalo ibhanti eyayisesinqeni sakhe neembadada ezazisezinyaweni zakhe.

6Into omawuyenze kuye wozibonela ngokobulumko bakho, kodwa uze ungamyeki afe ngenxa yokwaluphala, aze aye engcwabeni enoxolo.

7“Kodwa ke uze wenze ngezibele koonyana bakaBhazilayiwaseGiliyadi. Bona mababe phakathi kwâbo batya kunye nawe esithebeni sakho. Kaloku babengakum ngokuya ndandibaleka umntakwenu uAbhasalom.

8Uze ungamlibali uShimeyi unyana kaGera, umBhenjamin waseBhawurim, lowa wandishwabulela endiqalekisa kabuhlungu mhla ndandisiya eMahanayim. Wathi akuhla endihlangabeza eJordan, ndafunga uNdikhoyo ndathi andisayi kumbulala ngekrele.

9Kodwa ke ngoku uze ungamthathi njengongenatyala. Kaloku wena ungumfo onobulumko, ngoko ke akuyi kuxakwa yinto onokuyenza kuye. Mse engcwabeni izimvi zakhe zinegazi.”

Ukufa kukaDavide

10Ke kaloku uDavide waya kuphumla kunye nooyise-mkhulu, waza wafihlwa kwisixeko sikaDavide.

11KwaSirayeli walawula iminyaka engamashumi amane. Yaba yiminyaka esixhenxe eHebron, yangamashumi mathathu anantathu eJerusalem.

12USolomon ke wangena esihlalweni sikayise uDavide, lwaza ulawulo lwakhe lwazinza.

Ukufa kuka-Adoniya

13Ke kaloku uAdoniya, unyana kaHagiti, waya kuBhashebha, unina kaSolomon. Ke yena uBhasheba wathi: “Ngaba uza ngoxolo na?” UAdoniya waphendula wathi: “Ewe, ndiza ngoxolo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

14Waphinda wathi: “Kukho into endifuna ukuyithetha kuwe.” UBhashebha wathi: “Kulungile; thetha.”

15Waqhuba uAdoniya wathi: “Njengoko usazi ulawulo yayilolwam, uSirayeli wonke ekhangele kum njengokumkani wakhe. Kodwa izinto zajika, ulawulo lwajika lwawela kumntakwethu uSolomon; nto leyo ke yamiselwa nguNdikhoyo.

16Kambe ke ngoku ndinasicelo sinye endifuna ukusenza kuwe; uze uncede ungasikhabi.” UBhashebha waphendula wathi: “Kulungile; thetha ndive.”

17Waqhuba ke wathi: “Khawuncede uthethe nokumkani uSolomon; akanakwala kuwe. Ndifuna andinike uAbhishagi, intombi yomShunemi, abe ngumfazi wam.”

18UBhashebha ke wathi: “Kulungile; ndiya kukuthethela kukumkani.”

19UBhashebha ke waya kukumkani uSolomon, esiya kuthethelela uAdoniya. Akumbona ke ukumkani, waphakama wamhlangabeza, wakhahlela, waza ke wachopha esihlalweni sakhe. Wathi makuziwe nesihlalo, ukuze ahlale kuso unina, waza ke wamhlalisa ngasekunene kwakhe.

20UBhashebha ke wathi: “Ndinesicelo esinye endifuna ukusenza kuwe; uze ungalanduli.” Ukumkani waphendula wathi: “Thetha, mama; andiyi kulandula.”

21Waqhuba ke wathi: “Kunganjani xa uAbhishagi umShunemikazi enikelwa kumntakwenu uAdoniya abe ngumkakhe?”

22Ukumkani uSolomon uphendule unina wathi: “Ngani ukuba uAbhishagi umShunemikazi umfunele uAdoniya? Kungcono umcelele obu bukumkani buphela – andithi kaloku yena ngumkhuluwa – abe yena exhaswa ngumbingeleli uAbhiyatare noJowabhi unyana kaZeruya!”

23Ukumkani uSolomon wafunga uNdikhoyo wathi: “Makandohlwaye uThixo nokuba kuqatha kangakanani na, ukuba uAdoniya akafanga ngenxa yeli lizwi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

24Ewe, ekho nje uNdikhoyo, lo undimiseleyo ndazinza kwisihlalo sikabawo uDavide, yena lo undenzele umlibo ngokwesithembiso sakhe, inene namhlanje uza kufa uAdoniya!”

25Ke ukumkani uSolomon wayalela uBhenaya unyana kaJoyada, waza wamgwaza uAdoniya, wafa.

Ukugxothwa kuka-Abhiyatare nokufa kukaJowabhi

26Ukumkani ke wathi kumbingeleli uAbhiyatare: “Wena ke phindela emasimini akho eAnatoti. Ufanelwe kukufa, kambe ke andiyi kukubulala kwangoku, kuba yayithwalwa nguwe ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo uThixo ngexesha likabawo uDavide, futhi wawuzithwele kunye nobawo iimbandezelo zakhe. ”

27Ngoko ke uSolomon wamkhiqa uAbhiyatare kububingeleli, ezalisekisa ilizwi awalithethayo uNdikhoyo eShilo malunga nendlu kaEli.

28Akuziva ezi ndaba uJowabhi – kaloku naye wayekho kwiyelenqe lika-Adoniya, nangona wayengekho kwelika-Abhasalom – suka ke yena wabalekela esibingelelweni sikaNdikhoyo, waya kubambelela ngeempondo zeqonga lamadini.

29Waxelelwa ke uSolomon ukuba nanko uJowabhi ebaleke waya kubambelela ngeempondo zeqonga lamadini esibingelelweni sikaNdikhoyo. Wasuka wathuma uBhenaya unyana kaJoyada esithi: “Yiya umgwaze!”

30UBhenaya ke waya esibingelelweni sikaNdikhoyo, wafika wathi kuJowabhi: “Ukumkani uthi: ‘Phuma apha!’ ” Kambe ke yena waphendula wathi: “Andiphumi; ndiya kufela apha.” UBhenaya ke waya kubika olo daba kukumkani, wathi: “UJowabhi uthetha ngolu hlobo; ewe, wenjenje ukuphendula.”

31Ukumkani ke wathi kuBhenaya: “Yiya kuye, wenze njengokuthetha kwakhe. Mosele umngcwabe, ukuze mna nendlu kabawo sahlukane nobutyala ngegazi awaliphalazayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

32Kaloku yena wahlasela amadoda amabini wawabulala engadibananga nobawo uDavide. Omabini loo madoda, uAbhinere unyana kaNere, injengele yomkhosi wakwaSirayeli, kunye noAmasa unyana kaYetere, injengele yomkhosi wakwaJuda, ewe, omabini la madoda ayengcono enyanisekile kunaye.

33Igazi labo malihlale phezu koJowabhi nezizukulwana zakhe naphakade, kambe ke kuDavide nezizukulwana zakhe, indlu yakhe nobukhosi bakhe, makuphumle uxolo lukaNdikhoyo ngonaphakade."

34Ngenene ke uBhenaya unyana kaJoyada waya wafika wamosela uJowabhi, waza ke wangcwatyelwa kumhlaba wakhe entlango.

35Ke ukumkani wamisela uBhenaya unyana kaJoyada wayinjengele yomkhosi esikhundleni sikaJowabhi, waza endaweni ka-Abhiyatare wafaka umbingeleli uZadoki.

36Waza ke ukumkani wathumela kuShimeyi wathi: "Zakhele indlu eJerusalem, uhlale kuyo, ungaze uphume khona uye naphi na.

37Mhla waphuma wayiwela le ntili yeKedron, uze wazi ukuba ufile, kambe ke igazi lakho loba phezu kwentloko yakho."

38UShimeyi uphendule ngelithi kukumkani: "Uthethe kakuhle, mhlekazi. Isicaka sakho siya kuyenza loo nto uyithethileyo, nkosi yam kumkani." Ngenene ke uShimeyi wahlala eJerusalem ithuba elide.

39Ke kaloku emva kweminyaka emithathu amakhoboka amabini kaShimeyi abalekela kuAkishe unyana kaMahaka ukumkani waseGati, waza ke uShimeyi waxelelwa kwathiwa: "Uyabona, amakhoboka akho aseGati."

40Akuyiva ke le nto, wabopha idonki yakhe, waya kuAkishe eGati, efuna loo makhoboka. Ke uShimeyi wawafumana apho eGati amakhoboka lawo, wabuya nawo.

41Waxelelwa ke uSolomon ukuba uShimeyi uphume eJerusalem waya eGati, waza waphinda wabuya.

© 1996 Bible Society of South Africa.

42Ukumkani ke wambiza uShimeyi, wathi kuye: “Kanene
ndandingakufungisanga uNdikhoyo na ndikulumkisa ndisithi: ‘Mhla
waphuma usiya naphi na ngaphandle, uze wazi ukuba ufile’? Ndathi
ndakutsho kuwe wena waphendula usithi: ‘Uthethe kakuhle mhlekazi; ndiya
kukuthobela.’

43Ngani ke ngoku ukuba ungasifezekisi isibhambathiso sakho kuNdikhoyo,
uwuthobele nomyalelo wam?”

44Waqhuba ukumkani wathi kuShimeyi: “Uyazazi kakuhle entliziyweni yakho
zonke izinto ezimbi owazenzayo kubawo uDavide. Ngoku uNdikhoyo uza
kukubuyekeza ngobugwenxa bakho.

45Kambe ke yena ukumkani uSolomon uya kuthamsanqeleka, nesihlalo
sikaDavide sohlala siluqilima phambi koNdikhoyo kude kube ngunaphakade.”

46Ke ukumkani wayalela uBhenaya unyana kaJoyada, waza ke wamgwaza
uShimeyi, wafa. Kwesi sithuba ke ulawulo lwaluseluzinzile luluqilima
esandleni sikaSolomon.

1 Yookumkani 3

USolomon ucela ubulumko

(2 Gan 1:3-12)

1Ke kaloku uSolomon walamana nokumkani waseJiputa ngokuthatha intombi
yakhe. Ke yona yeza kuhlala naye kwisixeko sikaDavide lada lagqitywa
ukwakhiwa ibhotwe lakhe, ngokunjalo nendlu kaNdikhoyo kunye nodonga
olujikeleze iJerusalem.

2Kambe ke bona abantu amadini babesawenzela ezindulini, kuba
belingekakhelwa indlu igama likaNdikhoyo ngelo xesha.

3USolomon ke wabonakalisa ukumthanda uNdikhoyo, kuba wayehamba
ngokwemimiselo kayise uDavide, ngaphandle nje kwento yokuba wayesenza
amadini neziqhumiso ezindulini.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Ukumkani waya eGibheyon, esiya kwenza amadini, kuba leyo yayiyeyona
nduli ibalulekileyo, waza ke uSolomon wenza iwaka lamadini atshiswayo
apho eqongeni.

5Ke kaloku apho eGibheyon uNdikhoyo wabonakala kuSolomon ephupheni
ebusuku, wathetha wenjenje: “Cela nantoni na ofuna ndikuphe yona.”

6USolomon waphendula wathi: “Wena wasenzela ububele obukhulu isicaka
sakho ubawo uDavide, ngenxa yokuba wayethembekile kuwe elilungisa, umfo
ontliziyo ithe tse. Ezo zibele zakho ke uziqhubele phambili kwada
kwanamhlanje, kuba umnike unyana ukuze achophe esihlalweni sakhe.

7Ngoko ke ngoku, Ndikhoyo Thixo wam, isicaka sakho esi usenze ukumkani,
wandibeka endaweni kabawo uDavide. Kambe ke bendingubani na,
ndiyimveku engazi nto nje! Ewe, andazi nendlela endingawuqhuba ngayo lo
msebenzi wam.

8Ewe, isicaka sakho esi siphakathi kwabantu obanyulileyo, ihlokondiba
labantu abayinyambalala engenakubalwa.

9Ngoko ke mna sicaka sakho ndiphe intliziyo enobulumko, ukuze ndikwazi
ukubalawula abantu bakho, ndiwazi umahluko phakathi kokulungileyo
nokubi. Kaloku akakho umntu onganako ukuyilawula le ndimbane yaba
bantu bakho.”

10Ke kaloku iNkosi yakholiswa sesi sicelo sikaSolomon.

11Ngoko ke uThixo wathi kuye: “Ngenxa yokuba ucele ngolu hlobo,
awazicelela ubomi obude okanye ubutyebi, awucelanga nokuba kubulawe
iintshaba zakho, koko ucele ubuchule bokuthetha amatyala ngobulungisa,

12ke mna ke ndiza kukunika ngokwesicelo sakho. Ewe, ndiza kukupha
intliziyo enobulumko nengqiqo ukuze ube yimbalasane kubo bonke abantu,
kungaze kubekho mntu ufana nawe kwabaphile ngaphambi kwakho nabaya
kulandela emva kwakho.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Ngaphezulu ke ndiza kukunika nezo zinto ungazicelanga – ubutyebi nesihomo – ukuze ebomini bakho bonke ungabi nantanga kubo bonke ookumkani.

14Ukuba ke uthe wahamba ngeendlela zam, wayithobela imimiselo nemithetho yam njengoDavide uyihlo, ndokuthi jize ngobomi obude."

15Ke kaloku uSolomon wavuka, waqonda ukuba kuthe kanti liphupha. Wabuyela eJerusalem, wema phambi kwetyesi yomnqophiso kaNdikhoyo, waza wenza amadini atshiswayo ngokunjalo nawobudlelwane. Kamva ke wazenzela umbhiyozo zonke izinxiba-mxhaka zakhe.

Isigwebo sobulumko

16Ke kaloku abafazi ababini abangamahenyukazi beza kuma phambi kokumkani,

17omnye wabo wathi: "Mhlekazi, mna nalo mfazi sihlala ndlwini-nye. Ngoku ke mna ndiye ndabeleka ndafumana umntwana, ngoko silala sobabini.

18Ngosuku lwesithathu ndibelekile nalo mfazi ubeleke owakhe umntwana. Ke kaloku ke besisobabini apho endlwini, kungekho mntu wumbi.

19Ngabusuku buthile lo mfazi wamfuthanisela wafa unyana wakhe.

20Kwakuba njalo ke uvukile wachwechwa ezinzulwini zobusuku, weza kûba unyana wam ecaleni lam, mna ke sicakazana sakho ndilele thwii. Suka ke wathatha lo nyana wakhe ungasekhoyo wambeka esifubeni sam, lo wam wamncancisa kuye.

21Ndithe ke ndakuvuka ngentsasa elandelayo, ndizama ukuncancisa usana lwam, lwaye lungasekho! Kuthe ke kwakukhanya ndamqwalasela, ndafumanisa ukuba lo asinguye unyana wam endimzeleyo."

22Omnye lo ke umfazi wathi: "Hayi bo! Lo mntwana uphilayo ngowam; owakho ngulo ufileyo." Lo wokuqala ke umfazi wathi: "Unotshe! Owakho ngulo ufileyo; ngowam lo uphilayo!" Yaba yiloo mpikiswano ke apho phambi kokumkani.

© 1996 Bible Society of South Africa.

23Ukumkani ke wathi: “Oo! Lo uthi: ‘Ngunyana wam lo uphilayo, ngunyana wakho lo ufileyo;’ abe omnye esithi: ‘Hayi khona, ngunyana wakho lo ufileyo, owam ngulo uphilayo!’ ”

24Suka ke ukumkani wathi: “Ndiziseleni ikrele.” Walinikwa ke ukumkani ikrele elo.

25Wayalela wathi: “Mahluleni kubini lo mntwana uphilayo, icala nilinike omnye waba bafazi, omnye ke nimnike icala.”

26Ke kaloku lo mfazi yayingowakhe umntwana ophilayo wasikwa yinimba, wathi kukumkani: “Ndincede, mhlekazi, musa ukumbulala! Ndaweni yaloo nto mnike lo mfazi lo mntwana uphilayo!” Ke yena omnye lo umfazi wathi: “Ewe, kungcono singamfumani sobabini; mahlule kubini!”

27Waza ke ukumkani wawisa isigwebo wathi: “Sukuba sambulala umntwana, koko mnike lo mfazi wokuqala, kuba ngenene ngowakhe.”

28Athe ke amaSirayeli akusiva eso sigwebo sikakumkani, atsho amhlonela, kuba eqonda ukuba kuthe kanti uThixo ukumkani umphe ubulumko bokuthetha amatyala ngobulungisa.

1 Yookumkani 4

Iziphathamandla zikaSolomon

1Ke kaloku uSolomon wayelawula uSirayeli ewonke jikelele.

2Nazi izinxiba-mxhaka zakhe: UAzariya unyana kaZadoki – umbingeleli;

3uElihorefe noAhiya oonyana bakaShisha – oonobhala; uJoshafati unyana ka-Ahiludi – usiba-khulu;

4uBhenaya unyana kaJoyada – injengele; uZadoki noAbhiyatare – ababingeleli;

5uAzariya unyana kaNatan – umaqhuzu kubalawuli bezithili; uZabhude unyana kaNatan – umbingeleli nomcebisi kakumkani;

© 1996 Bible Society of South Africa.

6uAhisha – umaqhuzu wasebhotwe; uAdoniram unyana ka-Abheda – induna-
nkulu yabasebenzi abasebenza ngokunyanzelwa.

7USolomon ke wayenabalawuli-zithili abalishumi elinambini apho kuSirayeli
ephela. Bona ke babexhasa ukumkani nekomkhulu ngokudla. Kunyaka
ngamnye isithili sasithatha inyanga yonke sixhasa.

8Nanga amagama abo: Kumhlaba weenduli zakwaEfrayim yayinguBhen-yuri;

9eMakaze, eShalabhim, eBhete-shemeshe, nase-Elon-bhete-hanan
yayinguBhen-dekere;

10eArubhati (iSoko nayo yonke imimandla yaseHefere) yayinguBhen-rhesedi;

11eNafoti-dore yayinguBhen-abhinadabhi, umyeni kaTafati intombi
kaSolomon;

12eTanaki, naseMegido, neBhete-shan xa iyonke malunga neZaretan ngezantsi
kweYizereli, ukusuka eBhete-shan ukuya eAbhele-mehola ngaphesheya
kweYokemeyam, yayinguBhanaya unyana ka-Ahiludi;

13eRamoti yaseGiliyadi (leyo yimimandla kaJayire unyana kaManase
eGiliyadi ngokunjalo nezithili zaseAgobhi eBhashan nezo zixeko zayo
zimashumi mathandathu zikhulu kunene zibiyelweyo, ezinamasango
nemivalo yobhedu) yayinguBhen-gebhere;

14eMahanayim yayinguAhinadabhi unyana kaIdo;

15kwaNafetali yayinguAhimazi umyeni kaBhasemati intombi kaSolomon;

16kwa-Ashere naseAloti yayinguBhayana unyana kaHushayi;

17kwaIsakare yayinguJoshafati unyana kaParuwa;

18kwaBhenjamin yayinguShimeyi unyana kaEla;

19eGiliyadi (kuloo mhlaba kaSihon ukumkani wama-Amori, kunye nomhlaba
kaOgi ukumkani waseBhashan) yayinguGebhere unyana kaUri; yena
wayeyedwa kweso sithili.

Ukutya kwakomkhulu

© 1996 Bible Society of South Africa.

20Ke kaloku abantu bakwaJuda nabakwaSirayeli babebaninzi njengentlabathi
eselunxwemeni lolwandle; babonwabile besitya besela.

21Ke yena uSolomon wazilawula zonke izikumkani ukusukela kumlambo
iEfrati ukuya kuthi xhaxhe ngelamaFilistiya, aye kuthi xhaxhe kumda
waseJiputa. Xa zizonke ke ezo zizwe zaziphantsi koSolomon, zinikela
imirhumo kuye bonke ubomi bakhe.

22Isixhaso sakwaSolomon semini nganye yayingamawaka amahlanu eelitha
zeflawa ecolekileyo, neshumi lamawaka eelitha zomgubo wengqolwa;

23ishumi leenkabi zeenkomo ezityetyisiweyo, namashumi amabini eenkomo
ezondliwa emadlelweni; ikhulu leegusha, ngaphandle kwamanxala
namabhadi namanqa neenkuku zodidi.

24Kaloku uSolomon wayelawula zonke izikumkani ezikwintshona yomlambo
iEfrati, ukusuka eTisa ukuya eGaza, kuyinzolo macal' onke.

25Ngexesha likaSolomon uJuda noSirayeli xa ewonke, ukusuka kwaDan kuye
kuthi xhaxhe ngeBheshebha, wayehleli ekhuselekile, umntu ngamnye
enesidiliya namakhiwane.

26USolomon wayenamawaka amane emikhumbi yamahashe eenqwelo kunye
neshumi elinambini lamawaka amahashe.

27Abalawuli bezithili yayingulowo nalowo enenyanga yakhe, bexhasa
ukumkani uSolomon ngokudla okwakutyiwa ngabo bonke abalapho
kwisithebe sakomkhulu. Babexhasa kungabikho nto ilambathayo.

28Kananjalo babezisa isixhaso samahashe eenqwelo nesamanye, basibeke
endaweni yaso; leyo ke yayiyihabile kunye nengca.

Ubulumko bukaSolomon

29UThixo wanika uSolomon ubulumko nengqondo egqithisileyo, nolwazi
oluphangaleleyo olungenakulinganiswa oku kwentlabathi yaselunxwemeni.

30Ubulumko bukaSolomon babugabadele kunobulumko babo bonke abantu
basempuma, kananjalo buthe kratya kubulumko bonke bamaJiputa.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

31Ngobulumko wayebagqwesa bonke abantu, kananjalo noEtan umEzra– ethe
kratya kunoHeman, uKalkoli, noDarda oonyana bakaMaholi. Udumo lwakhe
ngobulumko lwanwenwela kuzo zonke izizwe ezijikelezileyo.

32Wenza izafobe ezingamawaka amathathu; waqamba iingomaeziliwaka
elinesihlanu.

33Imithi nezityalo wayichaza, esusela kumsedare waseLebhanon, waya kuthi
xhaxhe ngehisophu enaba ezindongeni. Wafundisa nangezilwanyana, iintaka,
nezilo ezirhubuluzayo, kwaneentlanzi.

34Ewe, kuSolomon kwakusiza abantu beentlanga zonke, bethunyelwa
zizikumkani zehlabathi liphela, ukuze baziphulaphulele ubulumko bakhe
obabungundaba-mlonyeni.

1 Yookumkani 5

Amalungiselelo okwakha indlu kaThixo

(2 Gan 2:1-18)

1Ke kaloku ukumkani uHiram waseTire akuva ukuba uSolomon uthanjisiwe
wangena esikhundleni sikaDavide, wathumela oonozaku-zaku bakhe
kuSolomon, kuba kaloku kwakusoloko kukho unxibelelwano lobuhlobo
phakathi kwakhe noDavide.

2Nanku ke umyalezo owathunyelwa nguSolomon kuHiram:

3“Kaloku nawe uyazi ukuba ngenxa yeemfazwe awazilwa zivela ngenxa zonke
ubawo uDavide akazange abe nako ukwakhela igama likaNdikhoyo uThixo
wakhe indlu, de abe uNdikhoyo uzibeke phantsi kweenyawo zakhe zonke
iintshaba zakhe.

4Kambe ke ngoku mna uNdikhoyo uThixo wam undithe jize ngenzolo macal'
onke; andinazintshaba nazithwakumbe.

5Ngoko ke ndizimisele ukulakhela indlu igama likaNdikhoyo uThixo wam,
njengoko uNdikhoyo watshoyo kubawo uDavide. Kaloku wathi: ‘Ngunyana
wakho, endiya kumngenisa esihlalweni sakho, oya kulakhela indlu igama
lam.’

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6Ngoko ke wena nceda uyalele ndigawulelwe imisedare eLebhanon. Amadoda am aya kusebenzisana nawakho kulo msebenzi, ndize ke mna amadoda akho ndiwahlawule loo mvuzo uwumisileyo. Kaloku nawe uyazi ukuba abam abasebenzi abanabo ubuchule obunjengobo bamaSidon ekugawuleni imithi.”

7Akulufumana ke olu daba uHiram wavuya kakhulu, wathi: “Namhlanje makabongwe uNdikhoyo, kuba kaloku uDavide umnike isilumko sonyana ukuze asilawule esi sizwe sikhulu kangaka.”

8Ke uHiram wathumela kuSolomon esithi: “Umyalezo wakho ndiwufumene, ndaye ke ndiza kwenza njengokuthetha kwakho, ndikugawulele imisedare nemipayini.

9Amadoda am aya kuyithoba eLebhanon, ayise elwandle, aze ke ayenze iinyanda, ayidadise, ayise kuloo ndawo ufuna ibe kuyo. Aya kuyikhulula ke, uze wena uyithathe umke nayo. Nto oya kuyenza ke wena kukuxhasa ikomkhulu eli ngokutya.”

10Ngale ndlela ke uHiram waxhasa uSolomon ngayo yonke imisedare nezibonda zompayini awayezifuna.

11Ke yena uSolomon waxhasa uHiram ngokutya minyaka le: amashumi amabini eetoni zengqolowa, nesine samakhulu amawaka eelitha zamafutha omnquma acwengileyo.

12Ngokwesithembiso sakhe ke uNdikhoyo uSolomon wamthi jize ngobulumko. Kwabakho uxolo phakathi koHiram noSolomon, baza ke benza umnqophiso.

13Ukumkani uSolomon wavelisa umsebenzi wonyanzelo kuSirayeli ephela, waza ke wagaya amadoda angamashumi amathathu amawaka.

14Wawafaka abolekisana ukuya eLebhanon, ngenyanga nganye kuye ishumi lamawaka. Ngoko ke ayeba semsebenzini inyanga yonke, aze ahlale zibe mbini ekhaya. Ingqwayi-ngqwayi yabo basebenzi ke yayinguAdoniram.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15USolomon wayenamashumi asixhenxe amawaka amadoda okuthwala imithwalo, enamashumi asibhozo amawaka abaqingqi bamatye phaya ezintabeni.

16Kanti ke wayenamashumi amathathu anantathu amakhulu eenduna ezazivelele loo msebenzi, ziphethe abasebenzi.

17Ukumkani wabayalela ukuba bembe amatye omeleleyo, bawaqingqe, ukuze ngawo kwenziwe isiseko sendlu kaThixo.

18Iingcibi zikaSolomon noHiram namadoda aseGebhali zawalungisa zawaqingqa amatye nemithi yokwakha indlu kaThixo.

1 Yookumkani 6

Ukwakhiwa kwendlu kaThixo

1Ke kaloku ngonyaka wamakhulu amane namashumi asibhozo ephumile amaSirayeli eJiputa, xa kanye uSolomon wayekunyaka wesine elawula amaSirayeli, ngenyanga yesibini uZivi, waqalisa ukuyakha indlu kaNdikhoyo.

2Le ndlu kaNdikhoyo wayakhayo ke uSolomon ngaphakathi ubude bayo babuziimitha ezingamashumi amabini anesixhenxe; zazilithoba ububanzi, ukuphakama zilishumi elinesithathu nesiqingatha.

3Igumbi lesango laliziimitha ezine ezinesiqingatha ubude, ububanzi iziimitha ezilithoba, ububanzi bulingana nobendlu ngokwayo.

4Le ndlu ke wayenzela iifestile ezinamanqwanqwa asondeleneyo.

5Ngaphandle phaya wakha umgangatho owayame eludongeni, ujikeleza igumbi eliphambili neliphakathi, waza wakha neminye imigangatho phezu kwawo.

6Kumgangatho ophantsi igumbi laliziimitha ezimbini ezinesiqingatha ububanzi; elomgangatho ophakathi laliziimitha ezintathu ububanzi; ke lona elokugqibela liziimitha ezintathu ezinesiqingatha ububanzi. Kumgangatho ngamnye udonga lwale ndlu lwalunciphile kunalo mgangatho ungaphantsi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Ngaloo ndlela ke amagumbi la ayexhathise ngodonga, imiqadi yawo inganxibelelananga neendonga ezi.

7Xa yakhiwayo ke le ndlu amatye ayo ayeqingqelwa kulaa ndawo athathwa kuyo. Ngaloo ndlela ke kwakungasetyenziswa sando nasixozi okanye nasiphi na esinye isixhobo esingxolayo sentsimbi apho kweso siza kwakusakhiwa kuso.

8Isango lomgangatho wangaphantsi lalikwicala langasezantsi kule ndlu; kanti ke ukuphuma apho yayingumchankcatho okhokelela kumgangatho wesibini, uphuma khona uye kowesithathu.

9Ke uSolomon wayakha indlu leyo wayigqiba, waza wayixhoma ngemiqadi namaplanga omsedare.

10Umgangatho owayame eludongeni wawuziimitha ezimbini ezinesiqingatha ukuphakama unxityelelaniswe nendlu ngemiqadi yomsedare.

11Ke kaloku lafika ilizwi likaNdikhoyo kuSolomon lisithi:

12“Ngokusingisele kule ndlu uyakhayo, ukuba uthe wahamba ngemimiselo yam, wawenza amasiko am, wayigcina yonke imithetho yam wahamba ngayo, ndosifezekisa ngawe isithembiso endasenza kuyihlo uDavide.

13Ndiya kuhlala phakathi kwamaSirayeli, ndaye ke andisoze ndibashiye abantu bam amaSirayeli.”

14Ke uSolomon wayakha wayigqiba indlu kaThixo.

Umphakathi wendlu kaThixo
(2 Gan 3:8-14)

15Ngaphakathi iindonga zale ndlu wazambathisa ngamaplanga omsedare ukusuka phantsi emgangathweni kuye kuthi xhaxhe ngesilingi, waza phantsi phaya wandlala amaplanga ompayini.

16Entla phaya apha endlwini wenza igumbi eliphakathi ekuthiwa yingcwele kangcwele. Laliziimitha ezilithoba ubude, lakhiwe ngamaplanga omsedare asuka emgangathweni athi xhaxhe ngesilingi phezulu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

17Igumbi eliphambi kweli ke laliziimitha ezilishumi elinesibhozo ubude.

18Uwonke umphakathi wendlu le yayingumsedare ukroliwe wahonjiswa ngethangazana neentyatyambo. Yayingumsedare nje ngaphakathi, ungekhe ulibone ilitye lodonga.

19Ke kaloku igumbi eliyingcwele eliya lingaphakathi kule ndlu walilungiselela ukuze kulo kuhlale ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo.

20Eli gumbi liphakathi ke lona laliziimitha ezilithoba ubude, ububanzi, nokuphakama. Umphakathi walo ke wawutyatyekwe ngegolide ecwengileyo; ukanti lona iqonga lalambathiswe ngomsedare.

21Umphakathi wale ndlu uSolomon wawutyabeka ngegolide ecwengileyo, waza watsala amatyathanga egolide anqumleza phambi kwelaa gumbi liphakathi, nalo ke elalityatyekwe ngegolide.

22Umphakathi wonke wawutyatyekwe kwangegolide; kananjalo neqonga elikwigumbi eliyingcwele likwatyatyekwe ngegolide.

23Phaya kwigumbi eliyingcwele wenza izithunywa ezimaphiko zazibini, ezenza ngomthi womnquma. Ukuphakama kwaso ngasinye kwakuziimitha ezine ezineesentimitha ezimashumi mane.

24-25Zozibini ezi zithunywa zazilingana zifana, ngasinye ke sinamaphiko amabini, phiko elo laliziimitha ezimbini ezineesentimitha ezimashumi mabini ubude. Ngoko ke umgama wokusuka kwincam yephiko ukuya kwincam yelinye wawuziimitha ezine ezineesentimitha ezimashumi mane.

26Ukuphakama kwesithunywa ngasinye bekuziimitha ezintlanu.

27Zozibini ke ezi zithunywa zazimi zilungelelene apho kwigumbi eliphakathi. Amabini kuloo maphiko azo athe naa ayerhecana esazulwini segumbi elo, aze amanye la mabini arhece iindonga.

28Zozibini ke ezi zithunywa wazityabeka ngegolide.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

29Iindonga zegumbi elikhulu nezegumbi eliphakathi zazihonjiswe
ngemifanekiso ekroliweyo yezithunywa ezimaphiko, amasundu,
kwaneentyatyambo.

30Umgangatho wala magumbi wawambathisa ngegolide.

31Emnyango wegumbi eliyingcwele kwakukho ungcango-mbini owenziwe
ngamaplanga omnquma, umgubasi wona wenziwe wangunxa-ntlanu.

32Iingcango zazihonjiswe ngemifanekiso ekroliweyo yezithunywa ezimaphiko,
namasundu neentyatyambo. Iingcango nemihombiso yazo zazambathiswe
ngegolide egudisiweyo.

33Umgubasi womnyango wegumbi elikhulu wawakhiwe buxande, wenziwe
ngomthi womnquma.

34Kananjalo wenzelwa iingcango ezimbini zompayini ezisongwayo ngehinjisi.

35Zazihonjiswe ngemifanekiso ekroliweyo yezithunywa ezimaphiko
neyamasundu neentyatyambo, yaza yonke loo nto yambathiswa ngegolide
egudisiweyo.

36Inkundla yangaphakathi wayakha yazizintlu ezintathu zamatye
aqingqiweyo alandelwa luluhlu lwamaplanga omsedare ochweliweyo.

37Ke sona isiseko sale ndlu kaNdikhoyo sabekwa ngenyanga uZivi kunyaka
wesine wolawulo lukakumkani uSolomon.

38Ke kaloku kwathi ngonyaka wakhe weshumi elinanye, kwinyanga
yesibhozo uBhuli, yagqitywa ukwakhiwa indlu kaThixo – ncincililii! Ewe,
yakhiwa ngokwezicwangciso ezazimisiwe. Loo msebenzi wokuyakha ke
wathatha iminyaka esixhenxe.

1 Yookumkani 7

Ibhotwe likaSolomon

1Kambe ke uSolomon wathatha iminyaka elishumi elinesithathu xa
wayesakha ibhotwe lakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[2]Ibhotwe lalibizwa ngokuba lihlathi laseLebhanon. Laliziimitha ezingamashumi amane anesine ubude balo, liziimitha ezingamashumi amabini anambini ububanzi, ukuphakama kuziimitha ezilishumi elinesithathu elinesiqingatha. Lalinezintlu ezine zeentsika zomsedare, zintsika ezo ezazixhasa imiqadi yomsedare.

[3]Uphahla lwayo lwalwenziwe ngomsedare obekwe phezu kwemiqadi eyayixhaswa ziintsika. Imiqadi le yayingamashumi amane anantlanu, ilishumi elinesihlanu kuluhlu ngalunye.

[4]Kwakukho izintlu ezintathu zeefestile eziphakamileyo zijongene.

[5]Imigubasi yeengcango yayenziwe buxande, iminyango le izizintlu ezintathu ezijongeneyo.

[6]Igumbi elilandelayo laliziimitha ezingamashumi amabini anesibini ubude, luziimitha ezilishumi elinesithathu nesiqingatha ububanzi. Ekungeneni kulo kwakukho igunjana elilisango elineentsika nevaranda.

[7]Igumbi elilandelayo yayiligumbi lekumkani elalikwayinkundla yamatyala apho uSolomon wayewavavanyela khona. Iindonga zazambathiswe ngamaplanga omsedare ukusukela emgangathweni kuye kuthi gaa ngesilingi.

[8]Ibhotwe lakhe apho wayehlala khona uSolomon, elalakhiwe kwiyadi esemva kwendlu yokuxoxwa kwamatyala, lalakhiwe ngokufanayo nezinye izindlu esezichaziwe. Kananjalo uSolomon wakha ibhotwe eliyelele kwelakhe, elakhela umkakhe intombi yokumkani waseJiputa.

[9]Zonke ezi zakhiwo, kunye neyadikazi enkulu, zazakhiwe ngawona matye odidi oluphambili ukusuka kwiziseko zazo kuye kuthi xhaxhe ekudibaneni nophahla. La matye ayelungiselwa apho ayembiwa khona ukuze angene athi ngci ezindaweni zawo. Ayecokiswa ngeesarha ukuze afaneleke ngaphandle nangaphakathi.

[10]Isiseko sasisesamatye amakhulu odidi, amanye kuwo eziimitha ezintathu ezinesiqingatha ubude, amanye ke eziimitha ezine.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11Bekusakhiwa ngamanye amatye phezu kwawo aqingqwe alungelelaniswa kunye nemiqadi yomsedare.

12Iindonga zeyadi yebhotwe, kwanezeyadi ephakathi yendlu kaNdikhoyo, kwanegunjana elilisango lendlu kaNdikhoyo, zazakhiwe ngemiqolo emithathu yamatye aqingqiweyo elandelwa ngumqolo omnye weplanga lomsedare, njalo ke ukunyuka.

UHuram

13Ukumkani uSolomon wathumela eTire ukuba kuyiwe kuthathwa uHuram,

14onina wayengumhlolokazi wendlu kaNafetali, uyise engumTire. Lo mfo wayeyingcibi yezobhedu, elichule elinamava kuzo zonke izinto ezenziwa ngobhedu. Weza ke kukumkani uSolomon, wawenza wonke umsebenzi awunikiweyo.

Iintsika zobhedu
(2 Gan 3:15-17)

15Ke kaloku uHuram lo wabumba iintsika zobhedu ezimbini, inye iziimitha ezisibhozo ukuphakama, iziimitha ezintlanu nesiqingatha jikelele.

16Ezi ntsika wazenzela iintloko ezingqukuva ngobhedu; nganye kuzo yayiziimitha ezimbini ezinekota ukuphakama.

17Intloko yentsika nganye wayihombisa ngamatyathanga asixhenxe alukiweyo.

18Wazenza ngolo hlobo ke iintsika, waza kwicala langentla kula matyathanga alukiweyo wafakelela imiqolo emibini yeerharnati zobhedu ezisixhenxe.

19Ezi ntloko zingqukuva zezi ntsika zazimile okweenyibiba, ukuphakama zinganeno kweemitha ezimbini.

20Phezu kwezi ntloko zezi ntsika zimbini ngentla kwalaa ndawo ibusitya malunga naloo mnxeba wetyathanga kwakukho amakhulu amabini eerharnati ziyimikrozo jikelele.

21Ezi ntsika ke wazimilisela phambi komnyango wendlu kaThixo. Le ingasekhohlo wathi nguJakin, waza engasekunene wathi nguBhowazi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22Iintloko zazo zazimilise okweenyibiba. Waba ke njalo uyagqitywa umsebenzi weentsika.

Ichibi lobhedu
(2 Gan 4:2-5)

23Kananjalo wenza ichibi ngobhedu. Lalingqukuva, liziimitha ezimbini ezinekota ubunzulu, ububanzi buziimitha ezine ezinesiqingatha, laza ke laziimitha ezilishumi elinekota ukujikeleza.

24Ngaphantsi komphetho walo jikelele kwakukho amathangazana. La mathangazana ayeyimiqolo emibini, eyinto enye nechibi elo.

25Eli chibi lalimi phezu kweenkunzi zeenkomo ezilishumi elinesibini ezenziwe ngobhedu, ezintathu zikhangele ngasentla, ezintathu zijonge ngasentshona, esintathu zikhangele ngasezantsi, zaza kananjalo ezintathu zajonga ngasempuma. Ichibi lalithe ngxishi phezu kwazo, izinqe zazo zijonge embindini walo.

26Ububanzi balo babulingana nesandla, umphetho walo ufana nekomityi, kanye oku kwenyibiba edubuleyo. Lalingena iilitha ezingamawaka angamashumi amane.

27Kananjalo uHuram wenza neshumi leenqwelo zobhedu, nganye kuzo iyimitha eneekota ezintathu ubude, bukwangako nobubanzi, ukuphakama kuyimitha enekota.

28Ezi nqwelo zazenziwe ngolu hlobo: zazinamanqwanqwa anxityelelaniswe nezibonda.

29Kuloo manqwanqwa phakathi kwezibonda kwakukho iingonyama, iinkunzi zeenkomo, nezithunywa ezimaphiko. Ngaphezulu nangaphantsi kweengonyama nezo nkunzi zeenkomo kwakujinga izidanga ezixonxiweyo.

30Inqwelo nganye yayinamavili amane obhedu, ikwaneasi yobhedu. Kwakukho isitya esixhaswe ngezibonda ezine. Ezo zibonda zazihonjiswe ngezidanga macala.

© 1996 Bible Society of South Africa.

31Ngaphezu kwesitya kwakukho indawo ekhamisileyo ingqukuva. Ngaphezu kwenqwelo yayivele isithuba seesentimitha ezimashumi mane anesihlanu, iziisentimitha ezilishumi elinesibhozo ukuhla. Yayikroliwe jikelele. Amanqwanqwa la wona ayengoono-ne abalinganayo, engekho ngqukuva.

32La mavili mane ayephantsi kwaloo manqwanqwa, iiasi zamavili zinxibelelene nenqwelo. Ukuphakama kwevili ngalinye kwakuziisentimitha ezingamashumi amathandathu anesithandathu.

33Amavili la ayefana neenqwelo zonke; iasi, umphetho, izibonda zazo, ngokunjalo neenafu, zonke zazizezobhedu.

34Inqwelo nganye yayinezibonda ezine ezinxityelelwe apha ezikoneni emazantsi.

35Inqwelo nganye yayibotshwe ngebhanti engqukuva apha emantla, ke yona iziisentimitha ezingamashumi amabini anambini jikelele. Izibonda ezaziyixhasile, ndawonye namacala, zazinxityelelaniswe nenqwelo ngobubanzi.

36Kananjalo wakrola izithunywa ezimaphiko, iingonyama, nemithi yesundu apho kwezo zibonda, nakuloo macala, naphi na apho kwakukho isithuba, kujikeleziswe nezidanga.

37Zazinjalo ke ezo nqwelo zilishumi. Zazibunjwe ngandlela-nye, ngazinye zifana zilingana.

38UHuram wenza izitya ezilishumi, esenzela ezo nqwelo zolishumi. Isitya ngasinye sasiyimitha eneekota ezintathu ububanzi, singena iilitha ezimakhulu asibhozo.

39Isihlanu sezo nqwelo wasibeka ngasekunene kwendlu kaThixo, esinye isihlanu sezo nqwelo wasibeka ngasekhohlo kwayo. Ke lona ichibi walibeka ngasekunene kwikona ekumazantsi-mpuma.

Impahla yendlu kaThixo
(2 Gan 4:11 – 5:1)

© 1996 Bible Society of South Africa.

40Kananjalo uHuram wenza neembiza, iifotsholo, nezitya zokufefa. Ngoko ke uHuram wawugqiba umsebenzi awayewenzela ukumkani uSolomon endlwini kaNdikhoyo.

41Yayiziintsika ezimbini; iintloko ezimbini ezibusitya zezo ntsika; amatyathanga alukiweyo amabini ahombise ezo ntloko zimbini zibusitya zezo ntsika;

42iirharnati ezimakhulu mane ziyimiqolo emibini ethe nca kwityathanga ngalinye elilukiweyo elihombisa ezo ntloko zibusitya zeentsika ezo;

43izixhaso ezilishumi zinezitya zazo ezilishumi;

44ichibi lobhedu lineenkunzi zeenkomo ezilishumi elinambini ezenziwe ngobhedu ezilixhasayo;

45iimbiza, iifotsholo, nezitya zokufefa. Zonke ke ezo zixhobo zazenziwe nguHuram ezenzela ukumkani uSolomon ukuze zisetyenziswe endlwini kaNdikhoyo zazenziwe ngobhedu olugudisiweyo.

46Ezo zinto ukumkani wathi mazibunjwe ngezibumbi zomdongwe kwintili yeJordan phakathi kweSukoti neZaretan.

47USolomon zange abulinganise ubunzima bezi zinto, kuba kaloku zazininzi gqitha. Ngoko ke ubunzima bobhedu zange bulinganiswe.

48Kananjalo uSolomon wazenza zonke iimpahla zendlu kaNdikhoyo: iqonga lamadini legolide; itafile yegolide eyayihlala isonka esinikelwa kuThixo;

49iziphatho-zibane ezenziwe ngegolide (ezihlanu ngasekunene, ezihlanu ngasekhohlo, zimi phambi kwegumbi eliyingcwele kangcwele); iintyatyambo, izibane, nezitya zokugcina imitya yezibane;

50izitya zegolide, izikhwezeli-zibane, izitya zokufefa, izitya zesiqhumiso, neepani zamalahle; iihinjisi zegolide zegumbi eliyingcwele kangcwele, nezo zeengcango zegumbi elingaphandle.

51Uthe ke wakufezeka loo msebenzi uSolomon awayewenzela indlu kaNdikhoyo, wazithatha zonke ezo zinto zazinikezelwe nguyise uDavide–

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

isiliva, igolide, nezinye izinto zokusebenza – waza ke wazifaka koovimba bendlu kaNdikhoyo.

1 Yookumkani 8

Ityesi iziswa endlwini kaThixo
(2 Gan 5:2 – 6:2)

1Ke kaloku ukumkani uSolomon wawabizela kuye eJerusalem onke amadoda amakhulu akwaSirayeli, bonke abaziintloko zezizwe, namadoda aziinkulu zezindlu zamaSirayeli, ukuze aye kuthatha ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo eZiyon, isixeko sikaDavide.

2Onke ke amadoda akwaSirayeli aqokelelana kukumkani uSolomon ngexesha lombhiyozo kwinyanga yesixhenxe uEtanim.

3Athe ke akuphelela amadoda amakhulu akwaSirayeli, ababingeleli bayithatha ityesi kaNdikhoyo,

4kunye nentente yesibingelelo, nazo zonke izinto ezingcwele ezazikuyo. Ababingeleli nabaLevi bazithwala ezo zinto.

5Ke yena ukumkani uSolomon nalo lonke ibandla likaSirayeli elaliqokelelene kuye babemi phambi kwetyesi, besenza amadini ngeegusha neenkomo ezininzi, inyambalala enganakubalwa.

6Ababingeleli ke bayithatha ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo, bayisa endaweni yayo kwigumbi elingaphakathi endlwini kaThixo – ingcwele kangcwele – bayibeka phantsi kwamaphiko ezo zithunywa zimaphiko.

7Izithunywa ezo ke zawathi naa loo maphiko azo, zayigquma loo ndawo yayikuyo ityesi ndawonye namanqwanqwa okuyiphatha.

8La manqwanqwa ke ayemade ngangokuba zazibonakala iziphelo zawo kumntu ophambi kwengcwele kangcwele, kambe ke zingabonakali kongaphandle kweyona ndawo ingcwele. Aselapho ke unanamhlanje.

© 1996 Bible Society of South Africa.

9Apho kuloo tyesi kwakungekho nto ngaphandle kwamacwecwe amabini amatye, lawo ayefakwe kuyo nguMosis eHorebhe, apho uNdikhoyo wenza umnqophiso namaSirayeli akuba ephumile eJiputa.

10Bathe ke bakuphuma ababingeleli kwindawo engcwele, indlu kaNdikhoyo leyo yazaliswa lilifu.

11Ngenxa yelo lifu ababingeleli ababanga nako ukwenza imisebenzi yabo. Kaloku ubukhazikhazi besidima sikaNdikhoyo babuyizalisile indlu yakhe.

12Ke kaloku uSolomon wathi: “UNdikhoyo wayethe uza kuhlala kwilifu elimnyama.

13Ke mna ngenene ndikwakhele ipomakazi lendlu, indawo oya kuhlala kuyo ngonaphakade.”

14Lithe lisemi apho lonke elo bandla likaSirayeli, ukumkani wee guqugu walithamsanqela,

15wathi: “Makabongwe uNdikhoyo, uThixo kaSirayeli, yena othe ngesandla sakhe wasifezekisa isithembiso awasenza ngowakhe umlomo kubawo uDavide. Kaloku yena wathi:

16‘Ukusukela kwimini endabakhuphayo ngayo abantu bam amaSirayeli eJiputa, zange ndizikhethele sixeko nakwisiphi na isizwe sakwaSirayeli apho lalinokwakhelwa khona indlu igama lam; kambe ke ndinyule uDavide ukuze abalawule abantu bam amaSirayeli.’

17“UDavide ubawo wayezimisele ngomxhelo wakhe ukuba igama likaNdikhoyo uThixo kaSirayeli alakhele indlu.

18Kambe ke uNdikhoyo wathi kubawo uDavide: ‘Ibe yinto entle ukuba uzimisele ukulakhela indlu igama lam.

19Noko ke kambe asinguwe oza kulakhela indlu igama lam, koko yoba ngunyana wakho; nditsho kanye owesinqe sakho – nguye oya kulakhela indlu igama lam.’

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

20“UNdikhoyo ke usigcinile eso sithembiso wasenzayo. Naku ngoku ndingene esikhundleni sikabawo uDavide. Ewe, ndichophe kwisihlalo sokulawula sakwaSirayeli ngokwesithembiso sikaNdikhoyo, ndaza ndalakhela indlu igama likaNdikhoyo uThixo kaSirayeli.

21Ndiyenzele indawo ityesi equlathe umnqophiso kaNdikhoyo awayewenze noobawo ekubakhululeni kwakhe kwelaseJiputa.”

Umthandazo wokunikezela indlu kaThixo
(2 Gan 6:12-42)

22Ke kaloku uSolomon wema phambi kweqonga likaNdikhoyo, apho phambi kwaloo nginginya yebandla likaSirayeli, waza izandla zakhe waziphakamisela ezulwini,

23wathi: “Ewe, Ndikhoyo, Thixo kaSirayeli, akakho uthixo onjengawe, nditsho ezulwini phezulu nasemhlabeni phantsi. Kaloku ungulowo uwugcinayo umnqophiso wakho wokuzithanda izicaka zakho ezithe rhoqo ngomxhelo wazo wonke ukuhamba ezindleleni zakho.

24Nangoku ke usigcinile isithembiso sakho kwisicaka sakho uDavide ubawo. Wathembisa ngomlomo wakho; kunamhlanje-nje ke ufezekisile ngesandla sakho.

25“Nangoku ke, Ndikhoyo, Thixo kaSirayeli, isicaka sakho uDavide ubawo khawumgcinele ezo zithembiso wamenzela zona usithi: ‘Akusoze ungabi nayo indoda yokuchopha phambi kwam kwisihlalo sokulawula sakwaSirayeli, ukuba kodwa oonyana bakho bathe bakunyamekela ngandlela zonke ukuba bahambe phambi kwam njengawe lo.’

26Ewe, nangoku, Thixo kaSirayeli, ilizwi owalithethayo uthembisa isicaka sakho uDavide ubawo malifezeke.

27“Kambe ke, ngaba uThixo angade ahlale emhlabeni? Hayi bo, kaloku namazulu, nditsho namazulu asemajuku-jukwini ngokwawo, akanako ukukuqulatha. Ibeke phi ke yona le ndlu ndiyakhileyo!

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

28Nakuba kunjalo, Ndikhoyo, Thixo wam, wubekele iindlebe umthandazo wesicaka sakho esizibikayo kuwe. Kuve ukulila nokukhunga kwesicaka sakho esikubongozayo nakalokunje.

29Ubusuku nemini ngamana amehlo akho athi ntsho kuyo le ndlu. Kaloku yile wathetha ngayo usithi: ‘Igama lam liya kuba kuyo;’ Ke ngoko wuphulaphule umthandazo esiya kuthi isicaka sakho siwubhekise kule ndawo.

30Zibazele iindlebe izikhungo zesicaka sakho ndawonye nabantu bakho amaSirayeli xa umthandazo wabo bewubhekisa kule ndawo. Yiva wena usekhayeni lakho ezulwini; ewe, yiva, uvile uxolele.

31“Xa umntu ethe wona ummelwane wakhe, kwaza ke kwafuneka enze isifungo, waza ke yena weza kufunga kule ndlu phambi kweqonga lakho,

32wena ke yiva usezulwini, usebenze ngaloo nto. Uze ugwebe phakathi kwezicaka zakho, umsingele phantsi onetyala, umohlwaye ngokufanele isenzo sakhe. Uze umgwebele umntu omsulwa, khon' ukuze aphuhle ukuba umsulwa.

33“Xa abantu bakho amaSirayeli ethe oyiswa lutshaba ngenxa yokuba ekonile wena, makathi akubuyela kuwe ebula, evuma igama lakho, ethandaza, esenza isikhungo kuwe kuyo le ndlu,

34wena ke yiva usezulwini, usixolele isono sabantu bakho amaSirayeli, uwabuyisele kulo mhlaba wawunika ooyise.

35“Xa amazulu athe avaleka, ayabikho imvula, kuba abantu bakho bekonile, mabathi xa bathe babhekisa kule ndawo ngomthandazo, bevuma igama lakho, bezishiya nezono zabo kuba wena ubabandezele –

36wena ke, yiva usezulwini, usixolele isono sezicaka zakho, abantu bakho amaSirayeli. Uze ubafundise indlela efanelekileyo yokuziphatha, ulithi jize ngemvula ilizwe elililifa owalinika abantu bakho.

37“Xa kuthe kwakho indlala nokuba ngubhubhani kweli lizwe, okanye kubekho isihlava, isihumba, iinkumbi, iintotoviyane, okanye xa abantu bakho

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

bathe bangqingwa lutshaba nakusiphi na kwizixeko zabo, ukanti nokuba sisiphi na isithwakumbe okanye isifo esibafikeleyo,

38makuthi xa kukho nawuphi na kubantu bakho othandazayo ekhunga ngenxa yokubandezeleka kwentliziyo yakhe, nezandla zakhe eziphakamisela kule ndlu,

39wena ke yiva usekhayeni lakho ezulwini. Ewe, xolela, ulowo nalowo umphathe ngokwezenzo zakhe, kuba wena uyayazi intliziyo yakhe. (Kaloku nguwe wedwa ozaziyo iintliziyo zabantu bonke.)

40Ngaloo ndlela ke baya kukuhlonela ngalo lonke ixesha lokudla kwabo ubomi kulo mhlaba wawupha oobawo.

41“Kanti ke nowasemzini ongenguye owabantu bakho amaSirayeli, kodwa ofike evela kwelikude ilizwe ngenxa yegama lakho –

42kaloku abantu baya kuva ngodumo lwegama lakho nangamandla esandla sakho kunye nobungangamsha bengalo yakho – onjalo ke makathi akuza kuthandaza apha kule ndlu,

43wena uve usekhayeni lakho ezulwini, owasemzini lo umenzele konke oko akucelayo kuwe, khon' ukuze zonke izizwe zehlabathi zilazi igama lakho, zikuhlonele kwanjengokuba bekuhlonela abantu bakho amaSirayeli. Ewe, ukuze ziqonde ukuba le ndlu ndiyakhileyo ibizwa ngegama lakho.

44“Nabantu bakho xa bathe baya emfazweni besilwa neentshaba zabo, noba ubathumela phi na, mabathi bakuthandaza kuwe bebhekisa kule ndlu ndiyakhele igama lakho kwesi sixeko osinyulileyo,

45yithi ke wena usezulwini uwuve umthandazo nesikhungo sabo, ubagwebele.

46“Xa bathe bakona (kaloku akukho mntu ungoniyo) waza ke wena wakhathazeka, wabanikela elutshabeni, luze ke lona lubathimbe, luye nabo kwilizwe lalo, nokuba kukude okanye kukufuphi,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

47xa bathe baguquka bazisola kwelo lizwe bathinjelwe kulo, ewe, xa
beguquka bezibika kuwe belapho kwelo lizwe labeyisi babo, besithi: ‘Ewe,
sonile, senze ububi nenkohlakalo,’

48xa babuyela kuwe ngomxhelo wabo wonke nentliziyo yabo iphela bekwelo
lizwe leentshaba ezibathimbileyo, bethandaza bebhekisa kweli lizwe walinika
ooyise, kwesi sixeko wasinyulayo, nakule ndlu ndiyakhele igama lakho,

49yithi ke wena usekhayeni lakho ezulwini, uwuve umthandazo wabo
nesikhungo sabo, ubagwebele.

50Ewe kaloku, uze ubaxolele abantu bakho abakonileyo, uzixolele zonke
iziphoso zabo ngakuwe, wenze ukuba abo babathimbileyo babe nenceba
kubo.

51Kaloku aba bantu ngabakho ncakasana, balilifa lakho owalikhuphulula
eJiputa kwelo ziko lokunyibilikisa isinyithi.

52“Ngamana waneliso ekuzibikeni kwesicaka sakho nakuzo izikhungo zabantu
bakho amaSirayeli; ewe, akwaba ungabaphulaphula nanini na bezibika kuwe.

53Kaloku wena wabatyumba phakathi kwazo zonke izizwe zehlabathi, ukuze
babe lilifa lakho, nanjengoko watshoyo ngomlomo wesicaka sakho uMosis,
ngokuya wena, Nkosi Ndikhoyo, wawukhulula oobawo kwelaseJiputa.”

Umthandazo wokuqukumbela

54Uthe ke uSolomon akuyiphetha le mithandazo nezi zikhungo wayezenza
kuNdikhoyo, suka waphakama apho phambi kweqonga likaNdikhoyo, apho
wayeguqe khona, izandla zakhe eziphakamisele ezulwini.

55Wema ngoku, wayithamsanqela yonke loo ndimbane yebandla likaSirayeli.
Ewe, wadanduluka ekhwaza esithi:

56“Makabongwe uNdikhoyo obathe jize ngenzolo abantu bakhe amaSirayeli,
kanye ngokwesithembiso sakhe. Akukho nalinye ilizwi elifadaleleyo kuzo
zonke izithembiso ezilungileyo awazenza ngesicaka sakhe uMosis.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

57Ngamana ke uNdikhoyo uThixo wethu waba nathi kwanjengokuba wayenabo noobawo; ngamana akangesishiyi okanye asilahle.

58Ngamana waziguqulela kuye iintliziyo zethu, ukuze sihambe ngazo zonke iindlela zakhe, siyigcine imithetho nemimiselo nemiqathango yakhe awayinika oobawo.

59“Nala mazwi ndiwathetha ndithandaza phambi koNdikhoyo, ngamana ahlala ekufuphi imini nobusuku bayo kuNdikhoyo uThixo wethu, ukuze asigwebele isicaka sakhe, abagwebele nabantu bakhe amaSirayeli, loo nto ayenze ngokweemeko zemini nganye,

60khon' ukuze zonke izizwe zehlabathi ziqonde ukuba uNdikhoyo nguThixo, akukho wumbi ngaphandle kwakhe.

61Kambe ke nina iintliziyo zenu maziphelelise ukubambelela kuNdikhoyo uThixo wethu, niziphathe ngokwezimiso zakhe, nemithetho yakhe niyithobele njenganamhlanje.”

Ukuvulwa kwendlu kaThixo
(2 Gan 7:4-10)

62Ke ukumkani ndawonye noSirayeli ephela benzela uNdikhoyo amadini.

63USolomon wenzela uNdikhoyo idini lobudlelwane ngeenkomo ezingamawaka angamashumi amabini anambini, kunye neegusha neebhokhwe ezilikhulu elinamashumi amabini amawaka. Ngaloo ndlela ke ukumkani nawo onke amaSirayeli bayivula beyinikela indlu kaNdikhoyo.

64Kwangaloo mini ke ukumkani wawungcwalisa umbindi wenkundla ephambi kwendlu kaNdikhoyo, waza khona apho wenza amadini atshiswayo, aweenkozo, kunye namanqatha alidini lobudlelwane. Kaloku elo qonga lobhedu likaNdikhoyo lalilincinci, lingawalingene amadini atshiswayo, iminikelo yeenkozo namadini obudlelwane enziwa ngamanqatha.

65Ngelo thuba ke uSolomon walenza itheko enamaSirayeli ephela, inyambalala yembizo, abantu abaphuma kwinkalo yeHamati kude kuthi xhaxhe ngomda waseJiputa. Apho ke phambi koNdikhoyo uThixo wethu

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

babhiyoza imihla esixhenxe, bada bongeza nesinye isixhenxe yalishumi elinesine leentsuku.

66Ngomhla olandelayo ke wabandulula abantu. Nabo ke bamthamsanqela ukumkani, baza bagoduka bonwabile benemihlali ngenxa yezinto ezintle uNdikhoyo awayezenzela isicaka sakhe uDavide kunye nabantu bakhe amaSirayeli.

1 Yookumkani 9

UNdikhoyo ubonakala kuSolomon

(2 Gan 7:11-22)

1Ke kaloku uSolomon wathi akuba egqibile ukwakha indlu kaNdikhoyo kunye nebhotwe lakhe nako konke oko wafikelela kuko ngokweenjongo zakhe,

2uNdikhoyo wabonakala kuye okwesibini, kanye kwangalaa ndlela wayebonakele ngayo kuye eGibheyon.

3UNdikhoyo wathetha naye wathi: “Ndiwuvile umthandazo nezikhungo ozenzileyo kum. Le ndlu uyakhele ukuhlala igama lam ndiyingcwalisile. Amehlo am ohlala kuyo, intliziyo yam ingaze yahlukane nayo.

4“Ke wena ukuba uthe wahamba phambi kwam ngokunyaniseka konke nangentliziyo engagqwidiziyo njengoyihlo uDavide, xa uthe wakwenza konke endikuyalela kona, wayigqala imimiselo nemithetho yam,

5ndiya kubuzinzisa ubukhosi bakho phezu koSirayeli nanini-nanini njengoko ndathembisayo kuyihlo uDavide ngokuya ndandisithi: ‘Akusoze ungabi nayo indoda yokuhlala kwisihlalo sobukhosi kwaSirayeli.’

6“Kodwa ukuba nina nokuba ngoonyana benu nisuke nandilahla anayikhathalela imiyalelo nemimiselo endininike yona, naphamba naya kukhonza ninqula thixo bambi,

7mna ndomnqamla uSirayeli kweli lizwe ndamnika lona, nale ndlu ndiyingcwalisele igama lam ndoyilahla. Ke yena uSirayeli uya kuba ngundaba-mlonyeni, abe sisigculelo kuzo zonke izizwe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Ewe, ingade ibe ngoku inomtsalane le ndlu, kodwa bonke abadlula kuyo
baya kumangaliseka baphoxise bathi: ‘Ngani ukuba uNdikhoyo enze into enje
kweli lizwe nakule ndlu?’

9Bophendula ke abantu bathi: ‘Kungenxa yokuba aba bantu besuke
bamfulathela uNdikhoyo uThixo wabo, lowo wakhupha ooyise eJiputa.
Basuke baqhogana nathixo bambi, bababusa babanqula. Kungenxa yeso
sizathu ke ebathobele esi sithwakumbe nje.’ ”

Eminye imisebenzi kaSolomon
(2 Gan 8:1-18)

10Ke kaloku ekupheleni kwamashumi amabini eminyaka, xesha elo
walithathayo uSolomon ekwakheni ezi zakhiwo zibini ziyindlu kaNdikhoyo
nebhotwe likakumkani,

11ukumkani uSolomon wanika ukumkani uHiram waseTire iidolophu
ezimashumi mabini kweliya laseGalili. Kaloku uHiram lo nguye owamxhasa
ngazo zonke izinto awayezifuna: imithi yomsedare, imipayini, kunye
negolide.

12Kambe ke uthe uHiram akuba esukile eTire waya kubona ezo dolophu
azinikwe nguSolomon, suka azamkholisa.

13Wabuza wathi: “Ezi dolophu undiphe zona yile mfeketho, mntakwethu?”
Wazibiza ngokuba ngumhlaba waseKabhuli. Zisabizwa njalo ke unanamhla.

14Ke uHiram lo wathumela uSolomon igolide ebunzima bungaphezu
kwamawaka amane eekhilogram.

15Ukumkani uSolomon wagaya abasebenzi bonyanzelo ukuze akhe indlu
kaNdikhoyo kunye nebhotwe lakhe nokulungiselelanisa umhlaba oxhase
isixeko ngasempuma, ukwakha iindonga ezijikeleze iJerusalem, nokwakha
iHazore, iMegido, neGezere.

16Kaloku ukumkani waseJiputawayihlasela wayithatha iGezere. Wayitshisa
ngomlilo, wababulala abemi bayo abangamaKanana, waza wembesa ngayo
intombi yakhe eyayingumka-Solomon.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Ke uSolomon wabuya wayivusa iGezere. Wayakha iBhete-horon engezantsi,

18iBhalati, neTademore entlango kwasemhlabeni wakhe,

19ndawonye nazo zonke izixeko ezazingoovimba bakhe, nezixeko zeenqwelo kunye nezamahashe akhe, nayo nantoni na awayakhayo eJerusalem naseLebhanon, ukanti nakuwo wonke ummandla awayewulawula.

20Bonke abantu ababesele kwiintlanga zama-Amori, amaHiti, amaPerezi, amaHivi, namaJebhusi – ezi ntlanga ke zazingengawo amaSirayeli,

21koko zazisisizukulwana sazo ezingazange zacinywa igama ngamaSirayeli – uSolomon wagaya bona baba libutho labasebenzi abanyanzelwayo, njengoko kusenjalo unanamhla.

22Kambe ke uSolomon lo amaSirayeli akawafakanga kwibutho labasebenza ngokunyanzelwa, koko wawagayela kumabutho omkhosi, aba zizinxiba-mxhaka kurhulumente wakhe, engamagosa, oomaqhuzu, nababhexeshi beenqwelo, nabakhweli-mahashe.

23Amanye ke ayengamaphakathi aphambili aphethe imisebenzi kaSolomon, engamagosa angamakhulu amahlanu anamashumi amahlanu awayongamele amadoda awayesenza umsebenzi.

24Intombi yokumkani waseJiputa eyayingumka-Solomon, ithe yakuphuma kwisixeko sikaDavide, isiza kwibhotwe awayakhela lona uSolomon, uSolomon wawulungelelanisa umhlaba owawuxhase isixeko ngasempuma.

25Kathathu ngonyaka uSolomon wayesenza amadini atshiswayo nawobudlelwane apho kwelo qonga wayelakhele uNdikhoyo, kananjalo amenzele isiqhumiso uNdikhoyo, efezekisa zonke iimfuneko zendlu kaThixo.

26Ukumkani uSolomon wakha neenqanawa e-Eziyon-gebhere engase-Elati kwaEdom kunxweme loLwandle oluBomvu.

27UHiram wamthumelela amadoda, izinto ezazilwazi ulwandle, ancedisa loo madoda kaSolomon ekuziqhubeni iinqanawa.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

28Baya eOfire, baza babuya negolide ebunzima bungaphezu kweshumi
elinesine lamawaka eekhilogram, bayisa kuSolomon.

1 Yookumkani 10

Ukumkanikazi waseShebha
(2 Gan 9:1-12)

1Uthe ke ukumkanikazi waseShebha akuva ngodumo lukaSolomon
nokusondela kwakhe kwigama likaNdikhoyo, weza kumvavanya ngemibuzo
enzima.

2Wafika ke eJerusalem enehlokondiba lamaphakathi negquba leenkamela,
zithwele izinongo, nento eninzi yegolide, namatye axabisekileyo, waza waya
kuSolomon, wathetha naye ngazo zonke izinto ezazisengqondweni yakhe.

3Ke uSolomon wayiphendula yonke imibuzo yakhe; ayikho into eyamxakayo
ukumkani kwiingcaciso awayezifuna.

4Ukumkanikazi waseShebha akububona bonke ubulumko bukaSolomon,
ebona nelo bhotwe wayelakhile,

5nokutya okusetafileni yakhe, naloo maphakathi akhe, nendlela ahlaliswe
ngayo, nezicaka ziwunduzelisa ngeminweba, nabangcamli, naloo madini
atshiswayo wayewenza endlwini kaNdikhoyo, wasuka wee khumnqa.

6Wathi kukumkani: “Ingxelo endiyive kwelakowethu mayela nempumelelo
yakho ndawonye nobulumko bakho kuthe kanti yinyani.

7Kambe ke zange ndizikholelwe ezi zinto de ndazibonela ngala wam amehlo.
Ngenene andixelelwanga nesiqingatha esi ngawe. Mayela nobulumko
nobutyebi wena ukude lee kwingxelo endandiyifumene.

8Anoyolo amadoda akwakho! Anenyweba amaphakathi akho asoloko
ekuququzelela esiva nobu bulumko bakho!

9Makabongwe uNdikhoyo, uThixo wakho, yena ukholisekileyo nguwe, waza
wakubeka esihlalweni kwinkundla kaSirayeli. Kaloku uNdikhoyo uSirayeli

© 1996 Bible Society of South Africa.

umthanda ngothando elungaphele ndawo. Yiyo loo nto akwenze ukumkani ukuze uzinzise umthetho nobulungisa.”

10Ke ukumkanikazi waseShebha wanika uSolomon igolide ebunzima bungaphezu kweekhilogram ezingamawaka amane, kunye nentaphane yezinongo namatye exabiso. Izinongo awazinikezela apho kukumkani uSolomon zingaphezu kwazo zonke izinongo ezakhe zazuzwa nanini nanini.

11Iinqanawe zikaHiram zazithwala igolide ziyithatha eOfire, kananjalo nemithwalo yomthi wom-almugi kunye namatye exabiso.

12Ngalo mthi wom-almugi ke ukumkani wenza iintsika zendlu kaNdikhyo kunye nezo zebhotwe lakhe, waza ngenxalenye yawo wenzela iimvumi iihapu nemirhubhe. Ongako wona ukuba mninzi um-almugi awuzange ukhe uziswe; ukusukela ngoko zange yabakho into enjalo.

13Ukumkani uSolomon wanika ukumkanikazi waseShebha konke awayekunqwenela nawayekucela, nangaphandle kwezipho zakomkhulu. Ke ukumkanikazi lowo ekunye namaphakathi akhe bajika babuyela kwelakowabo.

Ubutyebi bukaSolomon
(2 Gan 9:13-29)

14Minyaka le ukumkani uSolomon wayefumana igolide ebunzima bukwisithuba samashumi amabini anantathu amawaka eekhilogram,

15ngaphandle kwengeniso eyayisiza nabarhwebi, nabamashishini, nerhafu yookumkani belama-Arabhu, kananjalo nabalawuli belizwe elo.

16Ukumkani uSolomon wenza amakhulu amabini amakhaka amakhulu. Ikhaka ngalinye lalityatyekwe ngegolide ekhandiweyo ebunzima bukwisithuba seekhilogram ezisixhenxe.

17Wenza namakhaka amancinci angamakhulu amathathu, ngalinye kuwo lityatyekwe ngegolide ekhandiweyo ebunzima bukwisithuba seekhilogram ezimbini. Ke ukumkani wawabeka kwibhotwe elalibizwa ngokuba lihlathi laseLebhanon.

© 1996 Bible Society of South Africa.

18Ukumkani wenza isihlalo sobukhosi. Sasisikhulu, sihonjiswe ngamabamba eendlovu, sityatyekwe ngegolide yodidi.

19Esi sihlalo sasinamanqwanqwa okunyuka amathandathu, umva waso ungqukuva phezulu phaya. Macala eso sihlalo sasineendawo zokubeka iingalo, kananjalo kukho nemifanekiso emibini yeengonyama isiphahlile.

20Kuloo manqwanqwa okunyuka amathandathu kwakumi iingonyama ezilishumi elinambini, zingambini ziphahle inqwanqwa ngalinye. Enjalo yona into yayingazange yenziwa nakubuphi na ubukumkani.

21Yonke impahla yokusela kakumkani uSolomon yayiyeyegolide, ngokunjalo nayo yonke impahla yebhotwe elalibizwa ngokuba lihlathi laseLebhanon yayiyigolide ecikizekileyo. Kwakungekho nto eyayenziwe ngesiliva, kuba kaloku ngemihla kaSolomon isiliva yayingaxabisekanga.

22Ukumkani wayeneqela leenqanawe zokurhweba elwandle phaya, ngaphandle kwezo zikaHiram. Zazibuya kanye ngeminyaka emithathu, zifike zithwele igolide, isiliva, amabamba eendlovu, iinkawu, neemfene.

23Ukumkani uSolomon wayebalasele ngobutyebi nangobulumko kunabo bonke ookumkani behlabathi.

24Ihlabathi liphela lalifuna amacebiso kuSolomon ukuze live ubulumko abunikwe nguThixo.

25Minyaka le umntu ngamnye ozayo wayesiza nomrhumo – izinto zesiliva, ezegolide, iminweba, izixhobo, izinongo, amahashe, neemeyile.

26USolomon wahlanganisa iinqwelo zokulwa kunye namahashe. Wayeneenqwelo eziliwaka elinamakhulu amane, enamahashe angamawaka alishumi elinambini, awayewagcina kwizixeko zeenqwelo nakwakhe eJerusalem.

27Ke ukumkani lo isiliva wayenza yaxhaphaka eJerusalem oku kwamatye, umsedare wamninzi njengomthombe esihlanjeni.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

28USolomon amahashe wayewazuza eJiputa naseKuwe; abarhwebi bakomkhulu babewathenga eKuwe.

29Inqwelo nganye babeyithenga eJiputa ngexabiso elingamakhulu amathandathu eesiliva, ihashe lona ngekhulu elinamashumi amahlanu. Kananjalo babewathengisa kookumkani bamaHiti nabama-Aram.

1 Yookumkani 11

Abafazi bakaSolomon

1Ke kaloku nangaphandle kwentombi yokumkani waseJiputauSolomon wayenabafazi abaninzi beentlanga: abangamaMowabhi, ama-Amon, amaEdom, amaSidon, namaHiti.

2Wabathatha kwezo ntlanga wayewayale ngazo uNdikhoyo amaSirayeli esithi: “Ze ningendiselani nazo, kuba ziya kunilukuhlela kwizithixo zazo,” kodwa ke yena uSolomon wasuka waqhogana nabo ngothando.

3Wayenamakhulu asixhenxe abafazi begazi, enamakhulu amathathu amaqadi. Abo bafazi ke bayilahlekisa intliziyo yakhe.

4Wathi ekugugeni kwakhe abafazi bakhe bayitsalela koothixo babo intliziyo yakhe, akabi nako ukuzinikezela ngokupheleleyo kuNdikhoyo, uThixo wakhe, njengoko wenzayo yena uyise uDavide.

5Wazinikezela kuAshtoreti, isithixokazi samaSidon, nakuMilikom,isikizi lothixo wama-Amon.

6Ngaloo ndlela ke uSolomon wanxaxha ekulandeleni uNdikhoyo, akabi nako ukumnqula ngokufezekileyo uNdikhoyo njengoyise uDavide.

7Kwinduli ekwimpuma yeJerusalem uSolomon wenza isibingelelo sikaKemoshe, isikizi lothixo wamaMowabhi, kunye noMoleki isikizi lothixo wama-Amon.

8Wenjenjalo kubo bonke abafazi bakhe abaziintlanga ababesenza iziqhumiso benikela namadini kwizithixo zabo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Ke kaloku uNdikhoyo wakhathazeka ngenxa yesi senzo sikaSolomon, kuba intliziyo yakhe yagwilika kuNdikhoyo uThixo kaSirayeli owayebonakele kuye kwada kwakabini.

10Nakuba wamlumkisayo ngokulandela oothixo abangabambi, kodwa uSolomon zange awukhathalele loo myalelo kaNdikhoyo.

11Ngoko ke uNdikhoyo wathi kuSolomon: “Ngenxa yokuba uziphethe ngolu hlobo, usuke akwawukhathalela umnqophiso nommiselo endakuyala ngawo, ndosuka ndiwukrazule umbuso wakho, ndiwunikele kwelinye lamaphakathi akho.

12Kambe ke, ngenxa kayihlo uDavide, le nto andiyi kuyenza ngexesha lokudla kwakho ubomi. Ndiya kuwukrazula xa sewusesandleni sonyana wakho.

13Nalapho ke andiyi kuwukrazula wonke umbuso kuye; yena ndomnika isizwe esinye ngenxa kaDavide isicaka sam, nangenxa yeJerusalem endayinyulayo.”

Iintshaba zikaSolomon

14 UNdikhoyo ke wavusela uSolomon utshaba olunguHadadi, umfo wegazi lobukhosi bamaEdom.

15Kwimihla yamandulo xa uDavide wayesilwa namaEdom, uJowabhi injengele yomkhosi owayeye kufihla abagwaziweyo, wawabulala onke amaEdom.

16UJowabhi lo, ekunye nawo onke amaSirayeli, wahlala apho iinyanga zantandathu, bada bawatshabalalisa onke amadoda ase-Edom.

17Ke yena uHadadi lo wayeseyinkwenkwe, waza ke wabalekela eJiputa, ekunye namaphakathi ayekumbuso kayise.

18Baphuma eMidiyan, bajonga eParan. Baza baphuma apho namadoda athile, baya eJiputa, waza ke ukumkani wakhonawanika uHadadi indlu nomhlaba, wamxhasa ngokutya.

© 1996 Bible Society of South Africa.

19Ukumkani lowo ke wakholiseka nguHadadi, ngangokuba ade amendisele
udade bomkakhe ogama linguTapanes.

20Loo mfazi ke wazala unyana owathiywa igama elinguGenubhati. Waza ke
uTapanes wamkhulisela apho komkhulu. UGenubhati lo ke wakhula
nabantwana bokumkani waseJiputa.

21EseJiputa apho ke uHadadi weva ukuba uDavide akasekho, noJowabhi
injengele yomkhosi wakhe wasweleka. UHadadi wacela apho kukumkani
wathi: “Ndikhulule ndibuyele kwelakowethu.”

22Ukumkani wathi: “Ngaba yintoni oyisweleyo ngoku ulapha, le nto ufuna
ukugoduka?” Ke yena waphendula wathi: “Hayi, andiswele nto, kodwa noko
ndikhulule!”

23Kwakhona uThixo wavusela uSolomon olunye utshaba, uRezon unyana
kaEliyada, owayebaleke kwinkosi yakhe uHadadizere ukumkani waseZobha.

24Waqokelela amahlakani, waza yena wayinkokheli yegqiza labavukeli
ngokuya uDavide wayetshabalalise imikhosi yaseZobha. Abo bavukeli ke
baya eDamasko, baza bahlala khona balawula.

25URezon lo ke waba lutshaba lukaSirayeli ngalo lonke ixesha lokudla
kukaSolomon ubomi, yena ke esongezelela kwinkathazo eyayidalwa
nguHadadi. URezon ke walawula eAram echasene noSirayeli.

UJerobhowam uvukela uSolomon

26Kanti ke noJerobhowam unyana kaNebhati wavukelana nokumkani
uSolomon. Wayengomnye wamaphakathi kaSolomon, engumEfrayim
waseZereda, unina engumhlolokazi ogama linguZeruya.

27Nantsi indlela awavukela ngayo ukumkani: uSolomon wayegangatha
umhlaba okwimpuma yeJerusalem, elungisa neendonga zesixeko sikayise
uDavide.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

28Ke kaloku lo mfo unguJerobhowam wayelichule. Akubona ubuhle bomsebenzi walo mfana ke uSolomon, wammisa ukuba abe ngumveleli kubo bonke abasebenzi bendlu kaJosefu.

29Ngelo thuba ke uJerobhowam waphuma eJerusalem, waza ke wadibana nomshumayeli waseShilo uAhiya, yena enxibe isambatho esitsha. Baba bodwa ke apho emaphandleni bobabini,

30waza uAhiyo wathatha eso sambatho sitsha wayesinxibile, wasikrazula saziziqwenga ezilishumi elinambini.

31Waza ke wathi kuJerobhowam: “Zithathele iziqwenga zibe lishumi. Kaloku la ngamazwi kaNdikhoyo uThixo kaSirayeli, uthi: ‘Ndiza kuwukrazula umbuso kaSolomon, wena ndikunike izizwe ezilishumi.

32Kambe ke ngenxa yesicaka sam uDavide, nesixeko sam iJerusalem endasinyulayo kuzo zonke izizwe zikaSirayeli, yena wosala nesizwe sibe sinye.

33Le nto ke ndiza kuyenza kuba bandilahlile banqula uAshtoreti isithixokazi samaSidon, noKemoshe uthixo wamaMowabhi, noMilikom uthixo wama-Amon. Ewe, banxaxhile ezindleleni zam; bakutyeshele ukwenza izinto ezilungileyo; abayithobelanga imithetho nemimiselo yam njengoko wenzayo uDavide uyise kaSolomon.

34Kodwa ke umbuso andiyi kuwuthatha wonke esandleni sikaSolomon; yena woba ngumlawuli ngayo yonke imihla yokudla kwakhe ubomi, ngenxa kaDavide isicaka sam endasinyulayo saza sayithobela imithetho nemimiselo yam.

35Umbuso lo ndiya kuwohlutha kunyana wakhe, wena ndikunike izizwe ezilishumi.

36Unyana wakhe ndomnika isizwe esinye, ukuze isicaka sam uDavide sibe nesibane yonke imihla eJerusalem isixeko endasinyulela igama lam.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

37Kambe ke wena ndiya kukumisa ulawule kangangoko ufuna, ube
ngukumkani kwaSirayeli.

38Ndiya kuba nawe ukuba uthe wenza ngokwemithetho yam, wahamba
ngokweendlela zam, wenza okuhle ngokuthobela imimiselo nemiyalelo yam
njengoDavide isicaka sam. Ndiya kukwenzela isizukulwana sabalawuli
esiqiniseke njengêso ndasinika uDavide; ndomnikela kuwe uSirayeli.

39Ke sona isizukulwana sikaDavide ndiya kusithoba ngenxa yale nto. Kambe
ke, loo nto ayiyi kuhlala injalo.' "

40Ke uSolomon wazama ukubulala uJerobhowam, kodwa ke yena wabalekela
eJiputa, kukumkani uShishaki, waza ke wahlala khona wada wasweleka
uSolomon.

Ukufa kukaSolomon
(2 Gan 9:29-31)

41Ke zona ezinye iziganeko zolawulo lukaSolomon, nayo yonke imisebenzi
nobulumko bakhe, nâzo zibhaliwe encwadini yembali kaSolomon.

42Ke kaloku yaba yiminyaka emashumi mane uSolomon elawula kwaSirayeli
eJerusalem.

43Waza ke waya kuphumla kooyise, wangcwatywa kwisixeko sikayise
uDavide. URehobhowam unyana wakhe wangena esikhundleni sakhe
wangukumkani.

1 Yookumkani 12

USirayeli uvukela uRehobhowam
(2 Gan 10:1 – 11:4)

1Ke kaloku uRehobhowam waya eShekem, kuba onke amaSirayeli ayeye
khona ukuze ammisele abe ngukumkani.

2Uthe ke akuyiva loo nto uJerobhowam unyana kaNebhati, wasuka wabuya
apho eJiputa – kaloku wayeseJiputa oko wayebaleke ukumkani uSolomon.

3Ewe, bamthumelela uJerobhowam, waza ke yena nebandla likaSirayeli
liphela baya kuRehobhowam, bathi kuye:

© 1996 Bible Society of South Africa.

4“Uyihlo wabeka idyokhwe enzima phezu kwethu. Kambe ke wena xa
unokuwenza lula umthwalo ebesiwubekwe nguyihlo, ewe kanye idyokhwe
enzima abeyibeke phezu kwethu, sokukhonza.”

5URehobhowam uphendule wathi: “Khanihambe, ze nibuye nize apha kum
emva kweentsuku ezintathu.” Bemka ke abantu.

6Ke ukumkani uRehobhowam wathetha-thethana namadoda amakhulu
awayebusa kuyise uSolomon ngexesha lokudla kwakhe ubomi, esithi:
“Nicebisa ngelithini na nina, ukuze ndibaphendule aba bantu?”

7Aphendula athi: “Ukuba uthe namhlanje waba njengesicaka kwaba bantu,
wabakhonza, wathetha kakuhle nabo, baya kusoloko bezizicaka zakho.”

8Kambe ke uRehobhowam walikhaba eli cebiso alinikwa ngamadoda
amakhulu, waza wathetha-thethana nabafana abaziintanga zakhe
ababembusa.

9Wabuza kubo wathi: “Nindinika cebiso lini nina? Mandithini ukubaphendula
aba bantu bathi: ‘Khawuyenze lula idyokhwe awayibeka phezu kwethu
uyihlo’?”

10Abo bafana baziintanga zakhe baphendula bathi: “Abo bantu bathi: ‘Uyihlo
wayenza nzima idyokhwe yethu, kodwa wena yenze ibe lula kuthi.’ Ke wena
baxelele uthi: ‘Ucikicane wam ungaphezu kwesinqe sikabawo.

11Ukuba ubawo ubenithwalise idyokhwe enzima, mna ke ndiza kuyenza ibe
nzima ngaphezulu. Ubawo ebenibetha ngoswazi, ke mna ndonikatsa
ngemvubu.’ ”

12Emva kweentsuku ezintathu ke uJerobhowam nabantu bonke babuyela
kuRehobhowam ngokwaloo mlomo wakhe owawuthe: “Ze nibuye nize apha
kum emva kweentsuku ezintathu.”

13Ke ukumkani wabaphendula rhabaxa abantu, walilahla icebiso lamadoda
amakhulu,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14wathatha elabafana, wathi: “Ubawo wayenza nzima idyokhwe yenu. Mna
ke ndiza kuyenza ibe nzima ngaphezulu. Njengoko yena ubawo ebenibetha
ngoswazi, ke mna ndiza kunikatsa ngemvubu.”

15Ewe, ukumkani akabaphulaphulanga abantu, phofu ke ukuhamba kwezinto
ngale ndlela kwakuvela kuNdikhoyo, efezekisa ilizwi awalithetha
kuJerobhowam unyana kaNebhati ngomlomo ka-Ahiya waseShilo.

16Ke uSirayeli ewonke uthe akubona ukuba ukumkani uyala ukuphulaphula,
wamphendula wathi: “Sinasabelo sini na kuDavide? Sinanxaxhebani na
kunyana kaJese? Godukani, maSirayeli! Ke wena, Davide, jongana nendlu
yakho!” Ngoko ke amaSirayeli agoduka.

17Kambe ke wona amaSirayeli awayemi kwiidolophu zakwaJuda ahlala
ephantsi kolawulo lukaRehobhowam.

18Ukumkani uRehobhowam wathumela uAdoniram owayeyingqwayi-ngqwayi
kwabasebenza ngonyanzelo, kodwa amaSirayeli asuka amxuluba ngamatye
wafa. Phofu ke yena ukumkani waba nako ukungena enqwelweni, asabele
eJerusalem.

19Unanamhla ke uSirayeli usavukelene nendlu kaDavide.

20AmaSirayeli athe asakuqonda ukuba uJerobhowam ubuyile, ambizela
embizweni, aza ammisela wangukumkani kaSirayeli ephela, yaba yindlu
kaJuda yodwa eyasala isephantsi kwendlu kaDavide.

21Akufika eJerusalem uRehobhowam waqokelela indlu kaJuda
nekaBhenjamin – amawaka alikhulu elinamashumi asibhozo ewonke
amadoda omkhosi – ukuze alwe noSirayeli, alubuyisele ulawulo
kuRehobhowam unyana kaSolomon.

22Kambe ke kwafika eli lizwi likaThixo kuShemaya umfo wakwaThixo lisithi:

23“Thetha noRehobhowam unyana kaSolomon ukumkani wakwaJuda, nayo
yonke indlu kaJuda nekaBhenjamin, nakubo bonke abaseleyo, uthi:

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

24‘Utsho uNdikhoyo ukuthi: Musani ukuya kulwa namawenu amaSirayeli.
Godukani nonke ngabanye, kuba le nto yenziwe ndim.’ ” Ngoko ke
balithobela ilizwi likaNdikhoyo, bagoduka ngokomyalelo wakhe.

Amathole enziwe ngegolide

25UJerobhowam wayixhobisa iShekem kwelo lakwaEfrayim, waza wahlala
khona. Kananjalo waya kuyakha nePeniyeli.

26UJerobhowam wathi ngaphakathi kwakhe: “Hleze lo mbuso ubuyele
kwindlu kaDavide.

27Ukuba aba bantu bamane besiya kwenza amadini endlwini kaNdikhoyo
eJerusalem, bangasuka baphinde bakhahlele kwinkosi yabo uRehobhowam
ukumkani kaJuda. Xa inokwenzeka loo nto bangandibulala, babuyele
kukumkani uRehobhowam.”

28Emva kokucebisana nabathile ukumkani wenza amathole amabini
ngegolide. Wabhekisa ebantwini wathi: “Niyaxhamleka kukunyuka niye
eJerusalem. Nanku uThixo wakho, Sirayeli, owakukhupha ezweni
laseJiputa!”

29Elinye walibeka eBhetele, elinye lâkwaDan.

30Yathi ke loo nto yaba sisono; bahamba abantu baya phambi kwelo
likwaDan.

31UJerobhowam wakha izibingelelo ezindulini, waza wamisela ababingeleli
beendidi zonke zabantu nâbo bangengabo abaLevi.

32Wamisa imibhiyozo ngosuku lweshumi elinesihlanu kwinyanga yesibhozo
njengalowo wawusenziwa kwaJuda, waza wenza amadini eqongeni. Le nto
wayenza eBhetele, wawenzela amadini loo mathole wayewabumbile.
Kananjalo eBhetele wamisa ababingeleli kwiinduli awayezimisile.

33Ngosuku lweshumi elinesihlanu kwinyanga yesibhozo, nyanga leyo
wazikhethelayo, wenza amadini kwiqonga awayelakhe eBhetele. Ewe,

© 1996 Bible Society of South Africa.

amaSirayeli wawamisela loo mbhiyozo, naye waya eqongeni wanikela amadini.

1 Yookumkani 13

Umfo wakwaThixo

1Kwathi uJerobhowam xa emi ngaseqongeni lamadini, eza kwenza iziqhumiso, nako kuvela umfo wakwaThixo owayeyalelwe nguNdikhoyo ukuba aphume kwaJuda, aye eBhetele.

2Wadanduluka ngelizwi likaNdikhoyo, ekhalima ngenxa yelo qonga, wathi: “Qongandini! Qongandini! Utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘Uyabona, kwindlu kaDavide kuza kuzalwa unyana ogama linguYosiya. Apha kanye phezu kwakho yena uya kwenza amadini ngaba babingeleli basezindulini, aba benza iziqhumiso apha ngoku. Ewe, phezu kwakho apha kuya kutshiswa amathambo abantu.’ ”

3Kwangaloo mini umfo wakwaThixo wenza umqondiso, wathi: “Nanku umqondiso awukhuphileyo uNdikhoyo: Niyabona, eli qonga liya kuqhekeka, luze uthuthu oluphezu kwalo luphalale.”

4Akuluva udaba lwalo mfo wakwaThixo mayela nelo qonga laseBhetele, ukumkani uJerobhowam wolula isandla sakhe elapho eqongeni, wathi: “Mbambeni!” Kambe ke eso sandla sakhe awayesolulela kuloo ndoda sasuka sashwabana soma, akaba nako ukusibuyisela kuye kwakhona.

5Neqonga elo lasuka laqhekeka, lwaza uthuthu oluphezu kwalo lwaphalala, kanye ngokomqondiso womfo wakwaThixo, lowo wayewunikwe nguNdikhoyo.

6Ke ukumkani wathetha nomfo lowo wakwaThixo wathi: “Khawuncede umkhunge uNdikhoyo uThixo wakho, undithandazele ukuze isandla sam sibuye siphile.” Umfo lowo wakhunga wathandaza uNdikhoyo, saza ke eso sandla sikakumkani sabuya saphila sanjengangaphambili.

7Ukumkani wathetha naloo mfo wakwaThixo wathi: “Hamba nam, siye ekhaya, ndikuphe into etyiwayo, ndikunike nesipho.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Kambe ke umfo lowo wakwaThixo wamphendula ukumkani wathi: “Noba ubuza kundinika isiqingatha sezinto zonke onazo, bendingayi kuhamba nawe, futhi bendingayi kutya ndingaseli nakusela apha.

9Kaloku ndifumene umyalelo kuNdikhoyo othi: ‘Uze ungatyi, ungaseli nokusela, futhi ungabuyi ngendlela obe uye ngayo.’ ”

10Ngoko ke wathatha ndlela yimbi, akahamba ngaleyo wayeye ngayo eBhetele.

Inkonde yomshumayeli

11Ngoko ke kwakukho nkonde ithile yomshumayeli eyayihlala apho eBhetele. Oonyana bayo bazibona izinto awazenzayo loo mfo wakwaThixo apho ngaloo mini, baza ke baya kuchazela uyise lowo, uyise lowo bamchazela nento ayithethileyo kukumkani.

12Uyise wathi kubo: “Úhambe ngayiphi na indlela?” Oonyana ke bamkhombisa indlela ahambe ngayo umfo lowo wakwaThixo ovela kwelakwaJuda.

13Wathi koonyana bakhe: “Ndibopheleleni idonki.” Bambophelela idonki, wakhwela kuyo,

14waza walandela umfo wakwaThixo. Ke kaloku wamfumana ehleli phantsi komthi wom-oki, waza wathi kuye: “Unguye na laa mfo wakwaThixo uphuma kwelakwaJuda?” Yena ke wathi: “Ndinguye!”

15Wathi kuye: “Yiza sihambe, uye kufumana into etyiwayo ekhaya.”

16Umfo wakwaThixo waphendula wathi: “Hayi, andinako ukujika ndihambe nawe, ndingenako nokutya ndisele apha kule ndawo.

17Ilizwi likaNdikhoyo lithe kum: ‘Phaya uze ungatyi, ungaseli nokusela, futhi ungabuyi ngendlela obe uye ngayo.’ ”

18Loo nkonde yomshumayeli yathi: “Hayi kaloku, nam ngokwam ndingumshumayeli njengawe lo, ngoku ke isithunywa sindixelele ilizwi

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

likaNdikhoyo, sathi: ‘Yiya kumthatha ubuye naye, eze endlwini yakho, atye asele.’ ” Kambe ke wayexoka!

19Ngoko umfo wakwaThixo lowo wajika nayo, waza ke watya wasela apho endlwini yayo.

20Bathe ke besahleli etafileni, ilizwi likaNdikhoyo lafikela loo nkonde yomshumayeli, le yajika umfo wakwaThixo.

21Yaza ke yadanduluka, ibhekisa apho kuloo mfo wakwaThixo wayevela kwaJuda, yathi: “Utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘Ulicekisile ilizwi likaNdikhoyo, awawukhathalela umyalelo owunikwe nguNdikhoyo uThixo wakho.

22Ujikile wafika watya wasela kanye kule ndawo ubuyalelwe ukuba ungatyi ungaseli kuyo. Ngoko ke isidumbu sakho asiyi kungcwatywa kumafihlo ooyihlo.’ ”

23Uthe ke akugqiba ukutya nokusela umfo wakwaThixo lowo, inkonde yomshumayeli leya ibimjikile isuke yambophela idonki yakhe.

24Uthe ke esahamba, kwee gqi ingonyama apho endleleni, yamqwenga yambulala. Waza ke umzimba wakhe wee gangalala apho endleleni, idonki nengonyama zona zingxange phezu kwakhe.

25Abantu ababedlula bawubona loo mzimba uthe gangalala apho endleleni, phezu kwawo kungxange ingonyama, baza ke baya kulubika olo daba apho kweso sixeko yayihlala kuso inkonde yomshumayeli.

26Loo mshumayeli wayemjike kuhambo lwakhe uthe akuziva ezo ndaba: “Iya kuba ngulaa mfo wakwaThixo walicekisayo ilizwi likaNdikhoyo. UNdikhoyo umnikele engonyameni esuke yamqwenga yambulala ngokwelizwi elalithethwe kuye nguNdikhoyo.”

27Umshumayeli lowo wayalela oonyana bakhe, wathi: “Ndibopheleni idonki.” Bayibopha.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[28]Waphuma ke, waza wawufumana loo mzimba uthe gangalala endleleni, phezu kwawo kungxange idonki nengonyama. Ingonyama leyo zange iwutye, ingazange iyiqwenge nedonki leyo.

[29]Ngoko ke umshumayeli lowo wawuthatha loo mzimba womfo wakwaThixo, wawuxhoma edonkini, wabuya nawo, wawuzisa esixekweni sakhe, ukuze alilelwe angcwatye.

[30]Umzimba lowo ke wawufaka kwelakhe ingcwaba, baza ke bamlilela besithi: “Yho-o-o, umntakwethu!”

[31]Bakugqiba ke ukumngcwaba, wathi koonyana bakhe: “Ndakuba ndifile ze nindifihle kweli ngcwaba lilele lo mfo wakwaThixo, amathambo am niwabeke ecaleni kwawakhe.

[32]Kaloku udaba alubhengezileyo eyalelwe nguNdikhoyo mayela neqonga laseBhetele, nazo zonke izibingelelo ezisezindulini kwiidolophu zaseSamariya, nanjani na luya kufezeka.”

[33]Kanti ke, nasemva kwesi siganeko, yena uJerobhowam zange abuye ezindleleni zakhe ezimbi; waphikela ukumisela ababingeleli basezindulini, ethatha nabani na. Wonke umntu owayefuna ukuba ngumbingeleli wayemmisela izibingelelo zasezindulini.

[34]Esi ke sisono esangenela indlu kaJerobhowam, sayirhuqa yada yawa yatshabalala tu ehlabathini.

1 Yookumkani 14

Ukusweleka konyana kaJerobhowam

[1]Kanye ngelo thuba unyana kaJerobhowam uAbhiya wahlabeka wagula,

[2]waza ke uJerobhowam wathetha nomkakhe, wathi: “Khawuzenze mntu wumbi, ukuze ungaqondwa ukuba ungumka-Jerobhowam, uze ke uye eShilo. Khona apho wofika ekhona umshumayeli uAhiya, lowo wandazisa ukuba ndiza kuba ngukumkani waba bantu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

3Xa uyayo ke thatha izonka ezilishumi kunye namaqebengwana nendebe
enobusi. Ke yena uya kukuxelela ukuba kuza kuthekani na ngale nkwenkwe.”

4Ngenene ke umka-Jerobhowam wenza njengoko wayeyalelwe
nguJerobhowam, waya eShilo kwa-Ahiya. Ke kaloku uAhiya lo
wayeselenorhatyazo engaboni kakuhle ngenxa yobudala.

5Kambe ke uNdikhoyo wathi kuye: “Unyana kaJerobhowam akaphilanga. Ke
umka-Jerobhowam nanko esiza kuwe, eze kukubuza ngoko kugula konyana
wakhe. Ke uze umphendule ngolu hlobo. Ekufikeni kwakhe uza kuzenza
mntu wumbi.”

6Ke uAhiya akuziva izingqi zakhe engena emnyango, wabhekisa kuye wathi:
“Ngena, umka-Jerobhowam. Kutheni uzenza mntu wumbi nje? Kanti ke
ndiphathiswe udaba olubuhlungu ngawe.

7Yiya umxelele uJerobhowam ukuba uNdikhoyo uThixo kaSirayeli utsho
ukuthi: ‘Ndakuphakamisa ndakukhupha ebantwini, ndakwenza inkokheli
yabantu bam amaSirayeli.

8Umbuso ndawukrazula kwindlu kaDavide, ndawunikela kuwe. Kambe ke
wena awuziphathanga njengesicaka sam uDavide. Yena wayeyithobela
imithetho yam, endilandela ngomxhelo wakhe uphela, kuphela esenza oko
kundikholisayo.

9Ke wena ngokwenza izinto ezimbi ubalasele kubo bonke ababengaphambi
kwakho. Usuke wazenzela thixo bambi, imifanekiso eyenziwe ngesinyithi.
Ngale nto ke undicaphukisile; kaloku wena usuke wandifulathela.

10“ ‘Ngenxa yale nto ke ndiza kuyizisela isithwakumbe indlu kaJerobhowam.
UJerobhowam ndiza kumbulalela yonke into eyindoda kwaSirayeli,
okhululekileyo nekhoboka lembala. Indlu kaJerobowam ndoyivuthulula
ngokungathi kukutsha komgquba; ewe, ndoyilenca iphele tu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11Abendlu kaJerobhowam abafela esixekweni botyiwa zizinja, kanti ke bona
abafela emaphandleni baya kuxhwithwa ziintaka. Etshilo nje ke uNdikhoyo
utshilo.’

12“Ke wena okokwakho goduka! Uya kuthi usathi cakatha nje esixekweni, ife
inkwenkwe leyo.

13USirayeli ephela uya kuyililela, aze ke ayingcwabe. KwaJerobhowam
kuphela kwayo eya kungcwatywa. Kaloku kwindlu kaJerobhowam iphela
kukuyo yodwa apho uNdikhoyo uThixo kaSirayeli athe wafumana into
elungileyo.

14“UNdikhoyo uza kuzivelisela ukumkani oya kulawula kwaSirayeli, oya
kuyinqamla iphele indlu kaJerobhowam. Uyabona ke ngoku, ngamaqalela ke
lawo!

15UNdikhoyo uza kuqwakanisa uSirayeli, kube ngathi kukuzama-zama
kweengcongolo emanzini. Uza kumncothula uSirayeli kweli lizwe lihle
kunene walipha ooyise-mkhulu. Uya kumsarhaza phesheya komlambo iEfrati.
Kaloku uNdikhoyo bamcaphukise ngokwenza izibonda ezifanekisa uAshera.

16Ngenxa yezono azenzileyo uJerobhowam, nangenxa yokuba ewexule
noSirayeli, uNdikhoyo uza kumncama uSirayeli.”

17Ke kaloku umka-Jerobhowam waphakama wemka waya eTirza. Wathi nje
ukuba athi cakatha kumnyango wendlu yakhe, yasweleka inkwenkwe leyo.

18Bayingcwaba, waza wonke uSirayeli walila ngenxa yayo ngokomlomo
kaNdikhoyo kwisicaka sakhe umshumayeli uAhiya.

Ukufa kukaJerobhowam

19Ke kaloku ezinye iziganeko zolawulo lukaJerobhowam, iimfazwe
nokuphatha kwake, nâzo kwincwadi yeembali zookumkani bakwaSirayeli.

20Walawula iminyaka emashumi mabini anambini, waza waphumla kooyise.
Ezihlangwini zakhe ke kwangena unyana wakhe uNadabhi walawula.

URehobhowam ukumkani wakwaJuda

© 1996 Bible Society of South Africa.

21Ke kaloku uRehobhowam, unyana kaSolomon, waba ngukumkani kwelakwaJuda. Ukungena kwakhe kwesi sihlalo wayenamashumi amane ananye eminyaka, waza ke walawula iminyaka elishumi elinesixhenxe eJerusalem, isixeko esanyulwa nguNdikhoyo ezizweni zonke zakwaSirayeli ukuze lihlale kuso igama lakhe. Unina yayinguNahama engumAmonikazi.

22Ke kaloku uJuda wona kuNdikhoyo. Ngezono abazenzayo uNdikhoyo bamkhweletisa, waza wakhathazeka nangaphezu kokuba babemcaphukisile ngezenzo zabo ooyise.

23Kaloku bazimisela iinduli ezithile, namatye akhethiweyo, nezibonda eziyimifanekiso ka-Ashera, kuzo zonke iinduli eziphakamileyo, naphantsi kwayo yonke imithi efukufuku.

24Bada benza nezibingelelo zamahenyu angamadoda apho kwelo lizwe labo.Kaloku bangena bawenza onke amasikizi awayesenziwa zizizwe awazigxothayo uNdikhoyo phambi kokungena kwamaSirayeli.

25Kunyaka wesihlanu engukumkani uRehobhowam, iJerusalem yahlaselwa nguShishaki ukumkani waseJiputa.

26Wabuthimba ubutyebi obabusendlwini kaNdikhoyo, kunye nobo babusebhotwe. Wabutha konke kunye namakhaka egolide awayenziwe nguSolomon.

27Ngoko ke ukumkani uRehobhowam wenza amakhaka obhedu endaweni yawo, waza wawanikela kwiingqwayi-ngqwayi ezazilinda amasango akomkhulu.

28Ukumkani xa esiya endlwini kaNdikhoyo aba balindi babewathatha la makhaka, baze ke emva koko bawabuyisele kwindlu yabalindi.

29Ke kaloku ezinye iziganeko zolawulo lukaRehobhowam, nayo yonke imisebenzi yakhe, zikwincwadi yeembali zookumkani bakwaJuda.

30Kwabakho uzenge-zenge lwemfazwe phakathi kukaRehobhowam noJerobhowam.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

31Ke kaloku uRehobhowam waya kuphumla kooyise, waza ke wangcwatywa
phakathi kwabo kwisixeko sikaDavide. Unina yayinguNahama umAmonikazi.
Ezihlangwini zakhe ke kwangena unyana wakhe uAbhiya.

1 Yookumkani 15

UAbhiya ukumkani wakwaJuda
(2 Gan 13:1 – 14:1)

1Ke kaloku ngonyaka weshumi elinesibhozo wolawulo lukaJerobhowam
unyana kaNebhati, uAbhiya waba ngukumkani wakwaJuda,

2waza ke walawula eJerusalem iminyaka emithathu. Unina yayinguMahaka
intombi ka-Abhasalom.

3Naye wathatha ikhondo likayise, wenza kwaezo zono wayezenzile. Zange
ayinikezele ngokupheleleyo intliziyo yakhe kuNdikhoyo uThixo wakhe
njengokuba yena uDavide uyise-mkhulu wenjenjalo.

4Kambe ke ngenxa kaDavide, uNdikhoyo uThixo wakhe wambekela ihlumelo
eJerusalem ngokumvelisela unyana wokuthatha indawo yakhe, kananjalo
nangokuyizinzisa iJerusalem.

5Kaloku uDavide yena wayenyanisekile ekuthobeleni uNdikhoyo,
engagqwidizi ekwenzeni imithetho kaNdikhoyo ngayo yonke imihla yobomi
bakhe, ngaphandle nje kwalaa mbandela kaUriya umHiti.

6Yaba luzenge-zenge lwemfazwe phakathi kukaRehobhowam noJerobhowam
ngayo yonke imihla ka-Abhiya.

7Ezinye zeziganeko zokulawula kuka-Abhiya, nayo yonke imisebenzi yakhe,
nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaJuda. Kwakusoloko kukho
imfazwe phakathi kuka-Abhiya noJerobhowam.

8Ke uAbhiya waya kuphumla kooyise, waza ke wangcwatywa kwisixeko
sikaDavide, unyana wakhe uAsa wathatha indawo yakhe wangukumkani.

UAsa ukumkani wakwaJuda
(2 Gan 15:16 – 16:6)

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Ngonyaka wamashumi amabini uJerobhowam elawula kwaSirayeli,
ukumkani uAsa waqalisa ukulawula kwaJuda,

10waza walawula iminyaka emashumi mane nanye. Unina-khulu
yayinguMahaka intombi ka-Abhasalom.

11Ke kaloku uAsa yena waxelisa uyise-mkhulu uDavide, wathobela
uNdikhoyo,

12wazidenda izibingelelo zamahenyu angamadoda kumhlaba wakhe,
wayisusa nemifanekiso ezizithixo eyayenziwe ngooyise.

13Wamkhiqa unina-khulu uMahaka kwisikhundla sokuba ngukumkanikazi;
kaloku yena wayenze isikizi eliyintsika ka-Ashera. UAsa wayigawula loo
ntsika, waza wayitshisa kwintili yeKedron.

14Nangona engazitshitshisanga iindawo eziphakamileyo zonqulo, noko uAsa
wayenqula uNdikhoyo ngomxhelo wakhe wonke bonke ubomi bakhe.

15Wayizisa endlwini kaNdikhoyo isiliva negolide nenye impahla yonqulo,
leyo yena noyise babeyenze umnikelo.

16Ke kaloku kwakusoloko kuyimfazwe phakathi kuka-Asa noBhayesha
ukumkani wakwaSirayeli ngalo lonke ixesha lokulawula kwabo.

17Ukumkani uBhayesha waya kwaJuda, wafika wayingqinga iRama, wavala
akwabi nakungena nakuphuma mntu kummandla ka-Asa ukumkani
wakwaJuda.

18Ke uAsa wayithatha isiliva negolide eyayishiyeke koovimba bendlu
kaNdikhoyo nakwabo bebhotwe lakhe, wayinikezela kumagosa akhe,
wayithumela kuBhenadadi unyana kaTabrimon unyana kaHeziyon ukumkani
wakwa-Aram owayelawula eDamasko.

19Wathi kuye: “Makubekho umnqophiso phakathi kwam nawe, nanjengokuba
wawukhona phakathi kukabawo noyihlo. Nâso isipho endikunika sona:
igolide nesiliva. Wuqhawule ke umnqophiso ophakathi kwakho noBhayesha
ukumkani wakwaSirayeli, khon' ukuze andiyeke.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

20UBhenadadi ke wavumelana nokumkani uAsa, waza wathumela iingqwayi-
ngqwayi zomkhosi wakhe zaya kuhlasela iidolophu zakwaSirayeli, wayoyisa
i-Iyon, nesixeko sakwaDan, neAbhele-bhete-mahaka, neKineroti iphela, kunye
nelizwe lonke lakwaNafetali.

21Akuyiva le nto uBhayesha wayeka ukwakha engqinga iRama, wahlehlela
eTirza.

22Ke kaloku ukumkani uAsa wanika umyalelo kuJuda ephela, wathi wonke
umntu makathathe loo matye naloo mithi yayisetyenziswa ngoBhayesha
engqinga iRama. Ngezo zinto ukumkani uAsa wakha iGebha kwaBhenjamin
kunye neMizpa.

23Ke ezinye zeziganeko zolawulo luka-Asa nayo yonke imizabalazo yakhe
esebenza esakha nezixeko, nâzo kwincwadi yeembali zookumkani
bakwaJuda. Kambe ke wathi akuba mdala waba nesifo seenyawo.

24Ke uAsa waya kuphumla kooyise, waza wangcwatyelwa phakathi kwabo
kwisixeko sikayise-mkhulu uDavide. UYoshafati unyana wakhe wathatha
indawo yakhe wangukumkani.

UNadabhi ukumkani wakwaSirayeli

25Ke kaloku uNadabhi unyana kaJerobhowam waba ngukumkani kwaSirayeli
kunyaka wesibini kakumkani uAsa wakwaJuda. Ke yena walawula iminyaka
emibini kwaSirayeli.

26UNadabhi wamona uNdikhoyo, wahamba ekhondweni likayise ngeso sono
walukuhlela kuso amaSirayeli.

27UBhayesha unyana ka-Ahiya wendlu kaIsakare wamenzela iyelenqe, waza
wambetha wafa eGibheton, idolophu yamaFilistiya, xa yena uNadabhi
noSirayeli ephela babeyingqingile.

28UBhayesha ke wabulala uNadabhi kunyaka wesithathu kakumkani uAsa
wakwaJuda, waza ke wangena ezihlangwini zakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

29Uthe akuphatha wayingenela wayibulala yonke indlu kaJerobhowam. Ewe,
akashiyanga nalo mnye osaphefumlayo umntu apha kwaJerobhowam.
Wabatshabalalisa bonke ngokomlomo kaNdikhoyo ngesicaka sakhe uAhiya
waseShilo.

30Le nto yenzeka kuba uJerobhowam wôna, waza kananjalo walukuhlela
uSirayeli esonweni, nto leyo ke yamcaphukisayo uNdikhoyo uThixo
kaSirayeli.

31Ezinye zeziganeko zolawulo lukaNadabhi nayo yonke imisebenzi yakhe,
nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaSirayeli.

32Ngalo lonke ithuba lolawulo lwabo kwaba soloko kukho imfazwe phakathi
kuka-Asa noBhayesha ukumkani wakwaSirayeli.

UBhayesha ukumkani wakwaSirayeli

33Ngonyaka wesithathu kakumkani uAsa kwelakwaJuda, uBhayesha unyana
ka-Ahiya waba ngukumkani wakwaSirayeli eTirza, waza ke walawula
iminyaka emashumi mabini anesine.

34Ke yena wamona uNdikhoyo, ehamba ekhondweni likaJerobhowam
nakweso sono wawalukuhlela kuso amaSirayeli.

1 Yookumkani 16

1Ke kaloku uYehu unyana kaHanani wafikelwa lilizwi likaNdikhoyo
ngokubhekiselele kuBhayesha. Lalisithi:

2“Ndakuphakamisa eluthulini, ndakwenza inkokheli yabantu bam
amaSirayeli. Kambe ke wena suka wangena ekhondweni likaJerobhowam,
wabalukuhlela esonweni abantu bam amaSirayeli. Ezo zono ke
ziwuxhokonxile umsindo wam.

3Ngoko ke ngoku ndiza kumsusa uBhayesha kunye nendlu yakhe. Ewe,
ndokufanisa nendlu kaJerobhowam unyana kaNebhati.

4AbakwaBhayesha abafela ezixekweni botyiwa zizinja, ke bona abafela
emaphandleni boxhwithwa ziintaka.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5Ezinye iziganeko mayela nolawulo lukaBhayesha nayo yonke imisebenzi yakhe, nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaSirayeli.

6UBhayesha waya kuphumla kooyise, waza wangcwatywa eTirza. Esikhundleni sakhe ke kwangena unyana wakhe uEla.

7Into eyezisa eli lizwi likaNdikhoyo ngomlomo kaYehu unyana kaHanani mayela noBhayesha nendlu yakhe, kungenxa yobubi awabenzayo nemikhwa eyamcaphukisayo uNdikhoyo, nokuhamba kwakhe ekhondweni likaJerobhowam, nokutshabalalisa indlu yakhe.

UEla ngukumkani wakwaSirayeli

8Kwathi ngonyaka wamashumi amabini anesithandathu uAsa engukumkani wakwaJuda, uEla unyana kaBhayesha waqalisa ukulawula kwaSirayeli, waza walawula eTirza iminyaka emibini.

9Elinye lamaphakathi akhe uZimri wamenzela iyelenqe. Eli phakathi lalilawula isiqingatha seenqwelo zemfazwe. Ngeli thuba ke uEla wayelibele kukunxila kwa-Arza eTirza. UArza lo ke wayengumlawuli apho komkhulu eTirza.

10UZimri wangena wambetha wambulala, xa kanye uAsa akunyaka wamashumi amabini anesixhenxe engukumkani kwaJuda. Waza ke wathatha indawo yakhe.

11Uthe ke uZimri akungena ezintanjeni wayingenela wayibulala indlu kaBhayesha iphela. Wabulala akashiya duna, nditsho isizalwana nesihlobo.

12Ewe, uZimri wayitshabalalisa yonke indlu kaBhayesha ngokomlomo kaNdikhoyo ethetha ngomshumayeli uYehu ngokubhekiselele kuBhayesha.

13Le nto ke wayenza ngenxa yezono ezenziwa nguBhayesha nonyana wakhe uEla, nangenxa yokuba uSirayeli bamlukuhlela esonweni, ngeso senzo ke bamxhokonxa uNdikhoyo, waza wakhathazeka uNdikhoyo uThixo kaSirayeli yimifanekiso yabo ephuthileyo yezithixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Ezinye zeziganeko zolawulo lukaEla, nayo yonke imisebenzi yakhe, nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaSirayeli.

UZimri ngukumkani wakwaSirayeli

15Ngonyaka wamashumi amabini anesixhenxe uAsa engukumkani wakwaJuda, uZimri walawula eTirza iintsuku ezisixhenxe. Umkhosi wawumi ngakwidolophu yamaFilistiya iGibheton.

16Athi akuva amaSirayeli asemkhosini ukuba uZimri wenzele ukumkani iyelenqe wambulala, ammisela uOmri, owayeyinjengele yomkhosi, wangukumkani kwangaloo mini phezu koSirayeli ephela.

17Ke uOmri nawo onke amaSirayeli ahlehla eGibheton, aza angqinga iTirza.

18Uthe akuqonda uZimri ukuba isixeko sihlaselwe, wasuka waya enqabeni yakomkhulu, waza walintumeka umlilo ikomkhulu elo, naye wafela apho.

19Le nto yenzeka ngenxa yezono awazenzayo esona uNdikhoyo, ehamba ekhondweni likaJerobhowam nezono awazenzayo nokulukuhlela kwakhe amaSirayeli esonweni.

20Ke ezinye zeziganeko zolawulo lukaZimri kunye novukelo lwakhe, nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaSirayeli.

UOmri ngukumkani wakwaSirayeli

21Kwesi sithuba ke amaSirayeli ahlukana kubini, elinye iqela lifuna uTibheni unyana kaGinati abe ngukumkani, laye elinye lixhasa uOmri.

22Ke abalandeli bakaOmri baboyisa abo bakaTibheni unyana kaGinati. Ke yena uTibheni wafa, waza ke uOmri wangukumkani.

23Ke kaloku ngonyaka wamashumi amathathu ananye uAsa engukumkani kwaJuda, uOmri waba ngukumkani kwaSirayeli, waza ke walawula iminyaka elishumi elinambini, emithandathu eseTirza.

24Wathenga induli yaseSamariya kuShemere ngamawaka amathandathu eengqekembe zesiliva, waza ke wakha isixeko apho kuyo, wasibiza ngokuba

© 1996 Bible Society of South Africa.

yiSamariya, igama likaShemere umnini waloo nduli kumaxesha angaphambili.

25Kambe ke uOmri lo wabalasela ukona kuNdikhoyo kunabo bonke ababengaphambi kwakhe.

26Wathatha ikhondo likaJerobhowam unyana kaNebhati, wenza kwaeso sono sakhe, walukuhlela amaSirayeli kuso. Ngaloo mifanekiso iphuthileyo yezithixo wawuxhokonxa umsindo kaNdikhoyo uThixo kaSirayeli.

27Ezinye ke iziganeko zolawulo lukaOmri, imisebenzi ndawonye nemizabalazo yakhe, nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaSirayeli.

28UOmri ke waya kuphumla kooyise, waza wangcwatywa eSamariya, esikhundleni sakhe ke kwangena uAhabhi unyana wakhe wangukumkani.

UAhabhi ngukumkani wakwaSirayeli

29Ngonyaka wamashumi amathathu anesibhozo wokulawula kuka-Asa kwaJuda, uAhabhi waba ngukumkani wakwaSirayeli, waza walawula iminyaka emashumi mabini anambini kwaSirayeli eSamariya.

30UAhabhi unyana kaOmri wathi kratya ngobubi kuNdikhoyo kunabo bonke ababengaphambi kwakhe.

31Akanelanga nje ukwenza izono zikaJerobhowam unyana kaNebhati, kodwa wongeza nangokuthatha uJezebhele intombi kaEtibhali ukumkani wamaSidon, waza ke wangena ekunquleni uBhali.

32Wenzela uBhali iqonga lamadini kwisibingelelo awamakhela sona eSamariya.

33UAhabhi wamisela isibonda esifanekisa uAshera, waza ngokwenjenjalo wawuxhokonxa umsindo kaNdikhoyo uThixo kaSirayeli, nto leyo yamenza wabalasela ekuqumbiseni uNdikhoyo kunabo bonke ookumkani bakwaSirayeli ababengaphambi kwakhe.

34Ngexesha lika-Ahabhi uHiyeli waseBhetele waphinda wayivusa iJeriko. Iziseko zayo zamenza walahlekelwa ngunyana wakhe wamazibulo uAbhiram,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

kanti ke xa amisa amasango ayo walahlekelwa ngunyana wakhe omnci uSegubhi. Yonke loo nto yenzeka ngokomlomo kaNdikhoyo kuYoshuwa unyana kaNune.

1 Yookumkani 17

UEliya wondliwa ngamahlungulu

1Ke kaloku uEliya waseTishbhi eGiliyadi wathetha noAhabhi, wathi: “Ekho nje uNdikhoyo uThixo kaSirayeli, lo ndimkhonzayo, kuza kubakho imbalela kungabikho mbethe namvula kule minyaka izayo kungengalo ilizwi lam.”

2UEliya wafikelwa lilizwi likaNdikhoyo lisithi:

3“Mka kule ndawo, ubheke ngasempuma, uye kuzimela ngasentlanjeni iKeriti kwimpuma yomlambo iJordan.

4Apho ke uya kusela kuloo ntlambo; futhi ke amahlungulu ndiwayalele ukuba akondle.”

5Ngoko ke uEliya wenza ngokwelizwi likaNdikhoyo. Wahamba waya kuloo ntlambo yaseKeriti kwimpuma yeJordan, wahlala khona apho.

6Ke amahlungulu amphathela isonka nenyama kusasa, aza amzisela isonka nenyama emalanga, esela kuloo ntlambo.

Umhlolokazi waseZarfati

7Kuthe ke ngokuhamba kwexesha yatsha loo ntlanjana, kuba kwakungekho mvula kwelo lizwe.

8Lafika ilizwi likaNdikhoyo kuye lisithi:

9“Hamba uye eZarfati eSidon, uhlale khona. Nalapho ndiyalele umhlolokazi wakhona ukuba akuphe ukutya.”

10Ngoko ke wahamba waya eZarfati. Ekufikeni kwakhe ke esangweni lesixeko eso, wafika kukho mhlolokazi uthile echola-chola iintsasa. Wambiza waza wathi: “Khawundiphathele amanzi ngendebe ukuze ndisele.”

11Uphinde wayaleza xa ahambayo wathi: “Uze uncede undiphathele neqhekeza lesonka.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

12Waphendula wathi: “Ngenene, ekho nje uNdikhoyo uThixo wakho, andinaso isonka. Into ekhoyo ngumgubo ongephi osengqayini, kunye nentwana yamafutha omnquma asendebeni. Undibona ndichola-chola ezi ntsasa nje, ndenzela ukuba ndigoduke nazo, ndize ndiphekele mna nonyana wam lo, ukuze sitye sife ke emva koko.”

13UEliya wathi kuye: “Musa ukoyika. Goduka wenze njengoko uthethile. Kodwa ke kuqala yenzela mna iqebengwana lesonka ngaloo nto unayo, uze ulizise apha kum, kamva ke wenzele wena nonyana wakho lowo.

14Kaloku utsho uNdikhoyo uThixo kaSirayeli ukuthi: ‘Loo ngqayi yomgubo ayiyi kuphela, naloo ndebe yamafutha ayiyi kuphela, yohlala kude kube yiloo mini ayinethisa ngayo imvula uNdikhoyo kweli lizwe.’ ”

15Umhlolokazi lowo ke wemka waza wenza ngokomyalelo kaEliya. Kwahlala kukhona ke ukutya okwanele uEliya nomhlolokazi lowo nosapho lwakhe.

16Kaloku loo ngqayi yomgubo zange iphele, kananjalo naloo ndebe yamafutha ayiphelanga, ngokomlomo kaNdikhoyo kuEliya.

17Ekuhambeni kwethuba ke unyana waloo mhlolokazi wayengumnikazi ndlu, wahlabeka wagula. Wakhula umkhuhlane ayabi kuko, waza ke ekugqibeleni wayeka ukuphefumla.

18Wabhekisa kuEliya umhlolokazi, wathi: “Undenza ntoni kodwa, mntundini kaThixo? Ngaba apha uze kundikhumbuza ngezono zam, ubulala unyana wam nje?”

19UEliya waphendula wathi: “Mzise apha kum unyana wakho lowo!” Wamthatha ke apho kuloo mhlolokazi, waza waya naye kwigumbi eliphezulu, apho wayehlala khona, wafika wamlalisa kumandlalo wakhe.

20Waza ke wadanduluka wathandaza kuNdikhoyo, wathi: “Ndikhoyo, Thixo wam, ngani ukuba umzisele isithwakumbe esinje lo mhlolokazi ndihlala kuye? Kutheni ukuba umbulale unyana wakhe?”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21Waza ke wazolula apho phezu kwaloo mntwana kwakathathu, wakhala
kuNdikhoyo wathi: “Hayi bo, Ndikhoyo, Thixo wam, wubuyisele kuye
umphefumlo walo mntwana!”

22UNdikhoyo waliva ilizwi likaEliya, waza ke wabubuyisela kwakuloo
mntwana ubomi bakhe, waphila.

23UEliya ke wamfunqula umntwana lowo, waphuma naye kwelo gumbi, waya
naye kwelikanina. Wamnikezela kunina, waza wathi: “Uyabona ke, unyana
wakho uphilile!”

24Loo mhlolokazi ke wathi apho kuEliya: “Ngenene ngoku ndiyaqonda ukuba
wena ungumfo wakwaThixo, yaye ke nelizwi olithethayo lelikaNdikhoyo,
liyinyaniso.”

1 Yookumkani 18

UEliya no-Obhadiya

1Ke kaloku emva kwethuba, kunyaka wesithathu waloo mbalela, uEliya
wafikelwa lilizwi likaNdikhoyo lisithi: “Hamba uye kubonana noAhabhi; ke
mna ndiya kuyinisa imvula elizweni.”

2Ngenene ke uEliya waya kuAhabhi. Ngelo xesha ke imbalela yayibhokile
eSamariya,

3waza ke uAhabhi wabiza uObhadiya owayengumaqhuzu apho komkhulu.
(UObhadiya wayenqula uNdikhoyo enyanisekile.

4Kwathi xa uJezebhele wayebaphumele ngokubabulala abashumayeli
bakaNdikhoyo, uObhadiya wathatha ikhulu labashumayeli, waya kubafihla
emiqolombeni emibini, wafaka amashumi amahlanu kumqolomba ngamnye,
wamana ebapha ukutya namanzi.)

5UAhabhi ke wathi kuObhadiya: “Khawuhamba-hambe kuwo wonke lo
mhlaba, ujonge ngasemithonjeni nasezintilini, hleze kuthi kanti sisengayizuza
ingca, ukuze afumane ukutya amahashe neemeyile, abe nokuphila, nathi
singade siyibulale imfuyo yethu.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6Umhlaba lowo ke bawahlula-hlula, waza uAhabhi waya kwelinye icala, no-
Obhadiya waya kwelinye.

7Uthe ke esahamba uObhadiya, wadibana noEliya. UObhadiya wamnakana,
waza wakhahlela, waguqa phantsi, wathi: “Ngaba ngenene nguwe na lowo,
nkosi yam Eliya?”

8UEliya waphendula wathi: “Ewe, ndim kanye! Hamba uye kuxelela inkosi
yakho uthi: ‘Nanku uEliya!’ ”

9“Ngaba ndenze bugwenxa buni kodwa,” ubuzile uObhadiya, “le nto isicaka
sakho usinikela esandleni sika-Ahabhi ukuze sibulawe?

10Ekho nje uNdikhoyo uThixo wakho, akukho lizwe nabukumkani
ingathumelanga mntu kulo inkosi yam izingelana nawe lo. Isizwe okanye
ubukumkani obuthe bakulandula, ubeqononondisa abafungise ukuba ngenene
awufumaneki ndawo khona.

11Ngoku ke wena uthi mandiye enkosini yam, ndifike ndithi kuyo: ‘Nanku
Eliya.’

12Kaloku andinakwazi apho wokusa khona uMoya kaNdikhoyo, sakuba
sahlukene. Ukuba ndinokuya kuye ndimxelele, aze yena uAhabhi
angakufumani apha, angandibulala, ndibe ke mna, sicaka sakho, uNdikhoyo
lo ndamnqula kwasebuntwaneni.

13Ngaba akuyivanga na, nkosi yam, into endiyenzileyo ngokuya uJezebhele
ebebulala abashumayeli bakaNdikhoyo? Kaloku ndathatha ikhulu
labashumayeli bakaNdikhoyo, ndalifihla emiqolombeni, ndafaka amashumi
amahlanu kuwo ngamnye, ndaza ndamana ndibapha ukutya namanzi.

14Uze ke wena ngoku uthi mandiye enkosini yam, ndiyixelele ndithi: ‘Nanku
uEliya.’ Ngenene angandibulala!”

15UEliya wathi: “Ekho nje uNdikhoyo uSomandla lo ndimkhonzayo, inene,
ngayo yona le mini ndiza kubonana noAhabhi.”

UEliya kwintaba iKarmele

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Ke kaloku uObhadiya wemka, waza ke wadibana naye uAhabhi, wamxelela.
Ke uAhabhi wahamba, waza wabonana noEliya.

17Akubona uEliya uAhabhi wathi: “Ngaba nguwe lowo, wena ohlisela
amaSirayeli intlekele?”

18UEliya waphendula ngelithi: “Khange ndiwahlisele mna intlekele
amaSirayeli. Kodwa nguwe nendlu kayihlo lo uhlisele amaSirayeli intlekele.
Imithetho kaNdikhoyo uyityeshele, waza walandelana nooBhali.

19Khawubaqokelele bonke abantu bakwaSirayeli, ukuze ndihlangane nabo
phezu kwentaba iKarmele. Uze ungabashiyi abashumayeli bakaBhali
abamakhulu mane namashumi amahlanu, kananjalo nabashumayeli baka-
Ashera abamakhulu mane, abo batya kwisithebe sikaJezebhele.”

20Ngoko ke uAhabhi wathumela ilizwi kuSirayeli ephela, wabaqokelela
kwintaba iKarmele bonke abashumayeli.

21UEliya wasondela kubo ke abo bantu, waza wathi: “Koda kube nini na
nimbaxa! Ukuba uNdikhoyo nguye uThixo, landelani yena; kanti ke ukuba
uBhali nguThixo, landelani yena kaloku.” Kwasuka kwathi cwaka.

22UEliya wabhekisa ebantwini wathi: “Ndim ndodwa umshumayeli
kaNdikhoyo oshiyekileyo, kodwa ke yena uBhali usenabashumayeli
abangamakhulu amane anamashumi amahlanu.

23Sinikeni iinkunzana zeenkomo zibe mbini. Abashumayeli bakaBhali
mabazikhethele ibe nye, baze bayixhele bayixhaxhe, bayibeke phezu
kweenkuni, kodwa bangaphembi mlilo. Nam ke ndozilungiselela enye
inkunzana leyo, ndiyixhaxhe, ndiyibeke phezu kweenkuni, kodwa
ndingaphembi mlilo.

24Ze ke nibize igama lothixo wenu, nam ndibize igama likaNdikhoyo. Ke
uThixo othe waphendula ngomlilo ngoyena-yena Thixo!” Ke abantu
baphendula bathi: “La mazwi uwathethileyo mahle.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

25UEliya wabhekisa kubashumayeli bakaBhali wathi: “Makuqale nina baninzi, nizikhethele inkunzana ibe nye, nizilungiselele yona. Nakugqiba ke, bizani igama lothixo wenu, kodwa ningawuphembi umlilo.”

26Ngenene ke bayithatha eyabo inkunzana yenkomo, bayixhela, bayixhaxha. Baza ke banqula igama likaBhali, besukela kusasa kwada kwasemini emaqanda, besithi: “Khawuncede usiphendule, Bhali!” Kodwa ke akwabikho mpendulo, akwabikho bani usabelayo. Hayi ke, baxhentsa bejikeleza elo qonga babelenzile.

27Emini emaqanda uEliya waphoxisa ngabo esithi: “Khanibe ngathi niyakhwaza. Kaloku nguthixo lo! Mhlawumbi usaminxwe ziingcinga, okanye ziingxaki, angathi kanti useseluhambeni. Mhlawumbi usalele, abe ke usavuswa.”

28Ngoko ke bathath' unyawo ukukhwaza, bezicenta ngemikhonto namakrele ngokwesiko labo, lada latsaza igazi kubo.

29Yadlula imini emaqanda, bona baqhubela phambili betaka-taka bekrotsha lada lafika ixesha lamadini asemalanga. Kodwa nangoko kwathi cwaka, akwabikho mpendulo, akwabikho bani usabelayo.

30Ke uEliya wabhekisa kubo bonke abantu, wathi: “Yizani kum apha.” Beza kuye bonke, waza ke yena walilungisa iqonga likaNdikhoyo elaliselonakele.

31UEliya wathatha amatye alishumi elinambini, ngalinye limele indlu kwezo zizwe zikaYakobi, yena lowo wafikelwa lilizwi likaNdikhoyo lisithi: “Igama lakho kothiwa unguSirayeli.”

32Ngala matye wakha iqonga egameni likaNdikhoyo, waza wenza umsele walijikeleza. Lo msele wawubanzi, unokungena iilitha ezimalunga neshumi elinesine.

33Wazilungisa iinkuni, wayixhaxha inkunzi leyo, wayibeka phezu kweenkuni ezo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

34Waza wathi kubo: “Zalisani iingqayi ezinkulu zibe ne ngamanzi, nize niwagalele kwelo dini nakwezo nkuni.” Waza wathi: “Phindani okwesibini!” Baphinda okwesibini. Wathi: “Phindani okwesithathu!” Baphinda okwesithathu.

35Amanzi lawo ke ehla apho eqongeni, angena kuloo msele, wazala thwahla.

36Kwathi ke ngexesha lamadini angokuhlwa umshumayeli uEliya wasondela eqongeni, waza wathandaza wenjenje: “Ndikhoyo, Thixo ka-Abraham, Thixo kaIsake, Thixo kaSirayeli, namhlanje mayaziwe into yokuba nguwe uThixo kaSirayeli, mna ke ndisisicaka sakho, nezi zinto zonke ndizenzileyo ndizenze ngokuyalelwa nguwe.

37Ewe, ndiphendule kaloku, Ndikhoyo, khon' ukuze naba bantu bakuqonde, bakwazi, wena Ndikhoyo, ukuba unguThixo, babone ukuba wena ngoku uziguqulele kuwe iintliziyo zabo.”

38Ke kaloku wehla umlilo, uvela kuNdikhoyo, waza walitshisa idini elo, kunye neenkuni, amatye, nomhlaba, wada walenca naloo manzi ayesemseleni.

39Bakuyibona ke le nto, abantu basuka baziphosa phantsi, bathi: “UNdikhoyo nguye uThixo! UNdikhoyo nguye uThixo!”

40Ke uEliya wathi kubo: “Babambeni abashumayeli bakaBhali, kungasindi noba abe mnye!” Ngenene ke babanjwa, waza uEliya wathi makuyiwe nabo kwintili yeKishon, apho wababulalela khona.

41Waza ke uEliya wathi kuAhabhi: “Hamba, uye kutya usele, kuba kuvakala ukundila kwemvula enkulu.”

42Ke uAhabhi wahamba, watya wasela. Kambe ke yena uEliya wenyuka waya encotsheni yentaba iKarmele, waza wagobela emhlabeni, wafaka ubuso phakathi kwamadolo.

43UEliya wathumela ihlakani lakhe, wathi: “Khawuhambe ukhangele ngaselwandle ukuba awuboni nto na.” Laya ke lajonga, labuya lisithi: “Hayi,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

akubonakali nto.” Ke uEliya lo walithuma kwada kwasixhenxe, emana esithi: “Khawuphume ujonge.”

44Ngesihlandlo sesixhenxe ihlakani lakhe elo labuya lisithi: “Nalo ilifu elingangesandla somntu, lisithi thu elwandle.” UEliya wathi kulo: “Yiya kuxelela uAhabhi, uthi kuye: ‘Bopha inqwelo yakho ugoduke, hleze uvalelwe yimvula.’ ”

45Kananjalo ke saxubayela isibhakabhaka, kwavela izibhaxu zamafu amnyama, kwavuthuza nomoya, yaza yagaleleka imvula, yatsho ngezantyala-ntyala; wabe ke yena uAhabhi ekhwele esendleleni egodukayo eya eYizereli.

46UEliya ke wafikelwa ngamandla kaNdikhoyo, waza wazibhinqa ngebhanti izambatho zakhe, wabaleka wamshiya uAhabhi ukuya kufika eYizereli.

1 Yookumkani 19

UEliya ubalekela eHorebhe

1Ke kaloku uAhabhi waxelela umkakhe uJezebhele ngako konke awayekwenzile uEliya, nendlela ababulele ngayo abashumayeli bakaBhali ebaqhushek' ikrele.

2Ngoko ke uJezebhele wathumela kuEliya esithi: “Mabandohlwaye oothixo, nokuba kuqatha kangakanani na, ukuba lide lafika ingomso ungekabi njengabo abo bashumayeli bakaBhali.”

3Akuluva olo daba uEliya woyika, wabaleka, esindisa ubomi bakhe. Uthe akufika eBheshebha kwelakwaJuda, walishiya khona ihlakani lakhe.

4Ke yena wathatha uhambo lwemini enye, wangena entlango. Wathi ke akufumana umthi wonwele, wahlala phantsi kwawo, wathandazela ukuba afe. Wathi: “Kwanele ngoku, Ndikhoyo! Buthathe ubomi bam; kuba andilunganga ukugqitha oobawo.”

5Wasuka ke wangqenqa apho phantsi kwaloo mthi wonwele, wasindwa bubuthongo, walala. Kwabonakala isithunywa sezulu, samshukumisa uEliya, sathi: “Vuka, utye!”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6Wathi khwaphululu walaqaza, waza wabona iqebengwana lesonka ebesojiwe
ngamalahle ashushu, kunye nendebe yamanzi. Wathatha ke, watya wasela,
waza waphinda walala.

7Siphinde sabuya isithunywa sikaNdikhoyo, samshukumisa sathi: “Vuka utye,
kuba lude uhambo lwakho.”

8Wavuka ke, watya wasela. Oko kutya ke kwamomeleza, waza wathatha
uhambo lweentsuku ezimashumi mane nobusuku bazo, wada waya kufika
eHorebhe, intaba kaThixo.

9Apho ke wafumana umqolomba, waza walala khona.

UNdikhoyo ubonakala kuEliya

Ke kaloku uEliya wafikelwa lilizwi likaNdikhoyo lisithi: “Ukho ngani apha,
Eliya?”

10Ke yena wathi: “Ndenziwe likhwele ngenxa kaNdikhoyo uThixo uSomandla.
Kaloku amaSirayeli awukhabile umnqophiso wakho; awadilizile namaqonga
akho, nabashumayeli bakho ababulele ngekrele. Ngoku ke sendisele ndodwa;
nam ngokwam ke afuna ukundibulala.”

11UNdikhoyo waphendula wathi: “Hamba uye kuma phezu kwentaba phambi
koNdikhoyo, kuba uNdikhoyo uza kudlula khona.” Ke kaloku kwabhudla
isitshu somoyakazi omkhulu owaqhaqhambisa amawa, watsho kwacandeka
neentaba; ukanti ke yena uNdikhoyo wayengekho apho kuwo. Emva komoya
lowo kwabakho inyikima, kanti ke nalapho kuyo wayengekho yena
uNdikhoyo.

12Emva kwaloo nyikima ke kwavela umlilo, ukanti ke nalapho kuwo
wayengekho uNdikhoyo. Wakudlula umlilo kwabakho impepho ethi sebe-
sebe.

13Akuyiva ke uEliya wazigquma ubuso ngomnweba wakhe, waphuma wema
emnyango apho kuloo mqolomba. Kwavakala ilizwi lisithi: “Ukho ngani
apha, Eliya?”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Ke yena waphendula wathi: “Ndenziwe likhwele ngenxa kaNdikhoyo
uThixo uSomandla. Kaloku amaSirayeli awukhabile umnqophiso wakho;
awadilizile amaqonga akho; nabashumayeli bakho ababulele ngekrele. Ngoku
ke sendisele ndodwa. Nam ngokwam ke afuna ukundibulala.”

15UNdikhoyo ke wathi kuye: “Hamba ubuyele apho ubuvela khona, uye
kwintlango yaseDamasko. Wakufika khona ke uze uthambise uHazayeli abe
ngukumkani wama-Aram.

16Kwakhona uze uthambise uYehu, unyana kaNimshi, abe ngukumkani
wamaSirayeli; kananjalo uthambise uElisha, unyana kaShafati waseAbhele-
mehola, ukuze abe ngumshumayeli emva kwakho.

17UYehu uya kubabulala bonke abasinde kwikrele likaHazayeli, aze yena
uElisha ababulale abo basinde kwikrele likaYehu.

18Kambe ke kwaSirayeli apha ndozigcinela loo mawaka asixhenxe abantu
abamadolo angazange aguqe kuBhali, nabamilomo ingazange iwange
umfanekiso wakhe.”

Ukubizwa kukaElisha

19Ngoko ke uEliya waphuma apho, waza wadibana naye uElisha unyana
kaShafati. Wayelima ngezipani ezilishumi elinambini, isipani ngasinye
sineenkabi ezimbini, inguye ngokwakhe oqhuba esi seshumi elinambini.
UEliya waya kuye ngqo, wafika wamambathisa ngomnweba wakhe.

20Ke uElisha wazishiya iinkabi ezo, waza wabaleka emva koEliya. Wathi
kuye: “Makhe ndiye kwanga utata nomama kuqala, ukuze ke ndihambe
nawe.” UEliya waphendula wathi: “Hamba kaloku; andikuthinteli nganto.”

21Ngoko ke uElisha wamshiya wagoduka. Wathatha iinkabi ezimbini,
wazixhela, wayipheka inyama yazo, ebase ngedyokhwe yazo, inyama leyo
wayinika abantu, bayitya. Ke yena wemka walandela uEliya, waba lihlakani
lakhe.

1 Yookumkani 20

UBhenadadi uhlasela iSamariya

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Ke kaloku uBhenadadi ukumkani wama-Aram wawuqokelela wonke umkhosi wakhe. Wayencediswa ngookumkani abamashumi mathathu anambini, benamahashe neenqwelo zabo, wayingqinga iSamariya wayihlasela.

2Wathumela abathunywa apho esixekweni kukumkani uAhabhi wakwaSirayeli, esithi: “Mna Bhenadadi ndithi:

3‘Loo siliva naloo golide yakho yeyam ngoku; nezona nzwakazi zabafazi ngabam, ngokunjalo nabantwana.’ ”

4Waphendula ke ukumkani wakwaSirayeli esithi: “Kanye njengoko sewutshilo, mhlekazi kumkani; xa sisonke nje singabákho, nako konke esinako.”

5Zabuza kwakhona izithunywa ezo zisithi: “UBhenadadi uthi: ‘Bendithumele ndifuna isiliva negolide nabafazi bakho nabantwana.

6Kodwa ngomso malunga neli xesha ndothumela amagosa am aligqogqe ibhotwe lakho kunye nezindlu zamaphakathi akho. Aya kubutha yonke into oyixabisileyo, emke nayo.’ ”

7Ke ukumkani wakwaSirayeli wawabiza onke amadoda amakhulu elizwe lakhe, wathi: “Niyambona lo mfo; uzingelana nenkathazo! Ngokuya ebethumele efuna isiliva negolide, abafazi nabantwana bam, khange ndale.”

8Aphendula ke amadoda amakhulu nabantu xa bebonke bathi: “Hayi suka, sukuyiphulaphula le nkewu le; nezo zinto izifunayo sukuvuma nazo!”

9Ke kaloku wathi kubathunywa bakaBhenadadi: “Yixeleleni inkosi yam ukumkani nithi mna sicaka sakhe zonke izinto ebethe uyazifuna kwisihlandlo sokuqala ndizimisele ukumnika, kodwa ke yona le ayithethayo ngoku andinakuyenza.” Bemka ke abathunywa abo, basa olu daba kuBhenadadi.

10Uphindile ke uBhenadadi wathumela olunye udaba kwalapho kuAhabhi, esithi: “Mabandohlwaye oothixo, nokuba kuqatha kangakanani na, ukuba

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ngaba eSamariya apho kuthe kwashiyeka uthuli olwaneleyo ukuze ijoni lam ngalinye libe nokulufumbatha ngesandla.”

11Waphendula ke ukumkani wakwaSirayeli wathi: “Mxeleleni nithi: ‘Umntu osabhinqa ikrele akafanele kuziqhayisa njengalowo uselelikhulula.’ ”

12Olu daba lwamfikela uBhenadadi xa kanye yena nezo zikumkani babesela ezintenteni zabo. Ngoko nangoko wayalela umkhosi wakhe, wathi: “Kuf' ayayo, mawethu!” Baxhoba ke ukuze basihlasele isixeko eso.

UAhabhi woyisa uBhenadadi

13Ke kaloku ukumkani uAhabhi wakwaSirayeli wafikelwa ngumshumayeli, wathi: “Utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘Uyayibona le nyambalala yomkhosi? Ewe, kanye namhlanje ndiza kuwunikela esandleni sakho, ukuze uqonde ukuba mna ndinguNdikhoyo.’ ”

14Ke yena uAhabhi wathi: “Ngubani kodwa oya kuyenza loo nto?” Umshumayeli ke lowo wathi: “Utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘Abafana bamabutho aphantsi kweenjengele zamaphondo ngabo abaza kuyenza le nto.’ ” UAhabhi wathi: “Ngubani oya kuqala ahlasele?” Umshumayeli lowo waphendula esithi: “Nguwe!”

15Ngoko ke uAhabhi wawabiza amajoni aselula aphantsi kweenjengele zamaphondo. Ayengamadoda angamakhulu amabini anamashumi amathathu anambini. Wawuhlanganisa emva kwawo umndilili wamaSirayeli ungabantu abamawaka asixhenxe.

16Baphuma emini emaqanda, xa kanye uBhenadadi naloo mashumi mathathu anambini ookumkani abamncedisayo babesazihlalele ezintenteni zabo besela.

17Amabutho aselula aphantsi kweenjengele zamaphondo akhokela. UBhenadadi wayethumele, waza waxelelwa kwathiwa: “Nako kuphuma amadoda eSamariya.”

18UBhenadadi wayalela wathi: “Ukuba eza ngoxolo, wathatheni nize nawo; ukanti nokuba eza ngemfazwe, wabambeni nize nawo ephila.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

19Loo majoni aphantsi kweenjengele zamaphondo angqisha aphuma apho esixekweni, umkhosi uthe bhuu emva kwawo.

20Yaba ngulowo nalowo wageqa lowo ajongene naye. Hayi ke, kwathi bhazalala ama-Aram ebaleka. Aye wona amaSirayeli ewasukela. Ke yena uBhenadadi ukumkani wama-Aram wasaba ekhwele ihashe, wemka neqela lababakhweli-mahashe.

21Waphuma ke ukumkani wakwaSirayeli, wabahlasela abamahashe nabeenqwelo, wawabetha ee waca ama-Aram.

22Wafika umshumayeli lowa, wathetha nokumkani wakwaSirayeli, wathi: “Buyani nizihlaziye, nicwangcise ngenyameko, nihlale nomelele, kuba ukumkani wama-Aram lo uza kubuya aphinde anihlasele entlakohlaza.”

23Kanti ke amaphakathi okumkani wama-Aram wona amcebisa athi: “Kaloku oothixo bamaSirayeli ngoothixo abahlala ezintabeni; yiyo le nto esongamele kangaka nje! Ukuba sinokulwa nawo emathafeni akuthandabuzeki ukuba singawoyisa.

24Ngoko ke yenza le nto: basuse ookumkani abo, uze ezindaweni zabo ufake amanye amagosa.

25Gaya umkhosi olingana nalowa besinawo, kube njalo emahashini nasezinqwelweni, ukuze sibe nako ukulwa namaSirayeli emathafeni. Xa siyenzile ke loo nto siya kuwongamela.” Ukumkani walamkela elo cebo, waza ke wenza njengoko.

26Entlakohlaza uBhenadadi wawuqokelela umkhosi wakhe, waza waphuma nawo ama-Aram, wajonga eAfeki, esiya kulwa namaSirayeli.

27Athe akuba eqokelelene amaSirayeli, axhoba, anikwa nomphako, aphuma ahlangabeza. Ke amaSirayeli emisa malunga nama-Aram ethe xakalala kuloo ntili, benjengemihlanjana emibini yeebhokhwe.

28Umfo wakwaThixo ke weza kukumkani wakwaSirayeli, wathi kuye: “Utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘Ngenxa yokuba ama-Aram la esithi uNdikhoyo nguThixo

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

weentaba, asiThixo wazo iintili, ngoko ke loo nyambalala yomkhosi wawo ndiza kuyinikela ezandleni zakho, ukuze uqonde ukuba ndinguNdikhoyo.' "

29Yaba ziintsuku ezisixhenxe ijamelene loo mikhosi, yaza ke yadibanisa ngolu lwesixhenxe. Ngamini-nye nje, amaSirayeli alalisa iingxwelerha ezilikhulu lamawaka kuma-Aram angamajoni ahamba ngeenyawo.

30Athi ke aseleyo abalekela kwisixeko iAfeki. Khona apho ke adilikelwa ludonga lwesixeko. Ayengamadoda angamashumi amabini anesixhenxe amawaka. Naye uBhenadadi wabalekela esixekweni, wazimela kwigumbi elingaphakathi.

31Amaphakathi akhe athi kuye: "Kuthiwa ookumkani bendlu kaSirayeli banovelwano. Masiye kuye, sibhinqe ezirwexayo, iintloko sizithandele ngamagqesha, mhlawumbi anganenceba akusindise."

32Ngenene ke babhinqa ezirhwexayo, bazithandela ngamagqesha entloko, baza baya kukumkani wakwaSirayeli, bafika bathi: "Isicaka sakho uBhenadadi sithi: 'Nceda, sewusindisa nje oku kobomi bam.' " Ukumkani wathi: "Ngaba usaphila? Hayi, ngumntakwethu lowo!"

33Loo madoda ke aphawula ukuba loo mpendulo ibonakalisa ubuhlobo, aza akhawuleza athi: "Ewe, umntakwenu uBhenadadi!" Ukumkani ke wathi: "Hambani nize naye!" Weza ke uBhenadadi, waza uAhabhi wamkhwelisa enqwelweni yakhe.

34UBhenadadi wathi: "Ndiza kuzibuyisa izixeko ezathathwa ngubawo kuyihlo. Ngaphezu koko ungazenzela izitalato zokuthengisela phaya eDamasko nanjengokuba wazenzayo ubawo eSamariya." UAhabhi wathi kuye: "Ndiza kukukhulula phantsi komqathango womnqophiso." Ngoko ke benza isivumelwano, waza ke wamkhulula.

Umshumayeli ugxeka uAhabhi

35Ngomlomo kaNdikhoyo omnye wabashumayeli wathetha neqabane lakhe, wathi: "Khawundigwaze!" Kambe ke akavumanga ugxa wakhe lowo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

36Umshumayeli lowo ke wathi: “Njengokuba ke ungamthobelanga nje uNdikhoyo, sakwahlukana uya kuhlaselwa yingonyama ikubulale.” Ngenene ke bakuba bahlukene kwathi gqi ingonyama, yambulala loo mfo.

37Umshumayeli lowo wadibana nomnye umfo, waza wathi kuye: “Khawundigwaze.” Wamgwaza ke wamlimaza.

38Loo mshumayeli ke wahamba wema ecaleni lendlela, elinde ukumkani. Umshumayeli lowo ke wazibopha intloko nobuso ngeqhiya, kwavela amehlo kuphela, esenzela ukuba angaziwa.

39Uthe xa adlulayo ke ukumkani, umshumayeli lowo wamemeza wathi: “Mhlekazi, ndithe ndiphakathi emsini kwelaa dabi, suka ijoni elithile lezisa umthinjwa kum, lathi: ‘Yalusa lo mntu. Ukuba ukhe waphuncula wemka, uya kuhlawula ngobomi bakho, kungenjalo ke ibe ngumdliwo wamawaka amathathu eesiliva.’

40Kambe ke ndisuke ndasisinxada-nxada, ndisenza le naleya: tyhini phi! Walahleka umntu!” Ukumkani wakwaSirayeli waphendula wathi: “Eso ke sisigwebo sakho, uzigwebe ngomlomo wakho.”

41Wakhawuleza ke umshumayeli lowo wayisusa iqhiya awayezithandele ngayo ebusweni, waza ke ukumkani wamqonda ukuba ungomnye wabashumayeli.

42Wabhekisa kukumkani ke wathi: “Utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘Wena ukhulule umfo ebendimmisele ukuba atshabalale. Ngoko ke umsindisile nje ke yena, akusayi kusinda wena, ngokunjalo nabantu bakho.’ ”

43Wemka ke ukumkani wakwaSirayeli, waya ebhotwe eSamariya, equmbe esisifu.

1 Yookumkani 21

Isidiliya sikaNabhoti

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Ekuhambeni kwethuba kwabakho imbambano ngenxa yesidiliya somfo waseYizereli uNabhoti. Esi sidiliya sasiseYizereli kufutshane nekomkhulu likakumkani uAhabhi waseSamariya.

2UAhabhi wathetha noNabhoti, wathi: “Esi sidiliya sakho sikufuphi kakuhle kum; bekunganjani xa undinika sona, ukuze ndizilimele imifuno kuso? Endaweni yaso ndingakunika isidiliya esibhetele kunene kunaso, okanye ke xa uthanda ndingakuhlawula nantoni na esixabisa yona.”

3UNabhoti waphendula wathi: “Ekho nje uNdikhoyo, nakanye ukuba ndikunike ilifa loobawo!”

4Ngoko ke uAhabhi wagoduka equmbe esisifu kuba uNabhoti waseYizereli ethe: “Andinako ukukunika ilifa loobawo.” Wangqengqa emandlalweni wakhe, wafulathela, engafuni nokutya oku.

5Umkakhe uJezebhele waya kuye, wathi: “Uqumbele ntoni, sewungasafuni nokutya oku nje?”

6Wathi: “Kungenxa yokuba ndithethe noNabhoti waseYizereli, ndathi: ‘Ndithengisele isidiliya sakho, okanye ke ndikutshintshisele ngesinye.’ Kambe ke yena uthe: ‘Andinako ukukunika isidiliya sam.’ ”

7Umkakhe uJezebhele wathi kuye: “Asinguwe na olawulayo kwaSirayeli? Suka, wethu, phakama udle! Khululeka wonwabe! Mna ndiza kukulungiselela, usifumane esiya sidiliya sikaNabhoti waseYizereli.”

8Ngoko ke wabhala iincwadi egameni lika-Ahabhi, wazitywina kwangomsesane wakhe, waza wazithumela kumadod' amakhulu nezidwangube ezazihlala kweso sixeko sikaNabhoti.

9Wenjenje ukubhala kwezo ncwadi: “Miselani usuku lwenzila, abantu nibaqokelele ndawonye, ke yena uNabhoti nimbeke kwindawo ephambili.

10Malunga naye makuhlale iindlavini ezimbini eziya kuthi zimtyhole, zithi: ‘Wena uthuke uThixo kunye nokumkani!’ Kwakuba njalo ke, mthatheni, nimkhupele ngaphandle, nize nimgibisele ngamatye ade afe.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11Amadod' amakhulu nezidwangube ezo ke zeso sixeko sikaNabhoti zenza njengoko zaziyalelwe nguJezebhele kwezo ncwadi wayezibhalile.

12Bamisa usuku lwenzila, baza ke uNabhoti bambeka endaweni ephambili.

13Kwavela iindlavini ezimbini, zahlala malunga noNabhoti, zaza zamtyhola apho phambi kwabo bantu zisithi: “UNabhoti lo uthuke uThixo kunye nokumkani!” Ngoko ke uNabhoti bamkhuphela ngaphandle kwesixeko, baza bamgibisela ngamatye, wafa.

14Emva koko ke bathumela kuJezebhele besithi: “UNabhoti ugityiselwe ngamatye wafa.”

15Uthe ke akuva uJezebhele ukuba uNabhoti ugityiselwe ngamatye wafa, wathetha noAhabhi, wathi: “Hamba uye kusithatha isidiliya sikaNabhoti waseYizereli, sibe sesakho. Nditsho eso ebesala ukukuthengisela sona. Kaloku uNabhoti akasekho, ufile.”

16Wathi ke uAhabhi akuva ukuba uNabhoti ufile, wee thwasu ngoko nangoko, wehla waya kusithatha isidiliya eso yayisesikaNabhoti.

17Ke kaloku lafika ilizwi likaNdikhoyo kuEliya waseTishbhi lisithi:

18“Hamba uhlangabeze ukumkani wakwaSirayeli uAhabhi olawula eSamariya. Nanko esidiliyeni sikaNabhoti, eso asithathileyo.

19Thetha naye, uthi: ‘Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Ubulele na, wathatha na?” ’ Uze uthi ke kuye: ‘Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Kuloo ndawo zilixhaphele kuyo izinja igazi likaNabhoti, zolixhaphela kwakuyo nelakho igazi. Ewe, elakho kanye!” ’ ”

20UAhabhi wathi kuEliya: “Uyawandifumene, lutshabandini lwam?” UEliya wathi: “Ewe, ndikufumene. Kaloku wena uzincamele ukwenza amanyondololo phambi koNdikhoyo.

21Ngoko ke uNdikhoyo uthi: ‘Ndiza kukuzisela ububi. Ndiza kuyitshitshisa inzala yakho, kwa-Ahabhi ndiyinqamle yonke into eliduna, okhululekileyo nolikhoboka kwaSirayeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22Indlu yakho ndoyifanisa nendlu kaJerobhowam unyana kaNebhati, ifane naleyo kaBhayesha unyana ka-Ahiya, kuba kaloku wena uwuxhokonxile umsindo wam, noSirayeli wamlukuhlela esonweni.’

23“Malunga noJezebhele uNdikhoyo uthi: ‘UJezebhele uya kuqwengwa zizinja ngakudonga lwaseYizereli.’

24“Abakwa-Ahabhi abafela ezixekweni baya kudliwa zizinja, ukanti abafela emaphandleni booxhwithwa ziintaka.”

(25Akuzange kubekho mntu unjengoAhabhi, umfo ozincamele ekwenzeni amanyondololo ephenjelelwa ngumkakhe uJezebhele, engamkhathalele nganto uNdikhoyo.

26Wayeziphethe ngeyona ndlela imasikizi, ethene nca nemifanekiso eqingqiweyo; nto leyo yayisenziwa ngama-Amori, abantu abagxothwayo nguNdikhoyo, waza wafaka amaSirayeli endaweni yawo.)

27Akuweva loo mazwi uAhabhi wasuka wazikrazula iimpahla zakhe, wanxiba ezirhwexayo, wazila. Wahlala ngezo zirhwexayo, wahamba-hamba ematshekile.

28Laphinda lafika ilizwi likaNdikhoyo kuEliya waseTishbhi lisithi:

29“Uyabona na ukuba uAhabhi uzithobile kum ngoku? Ngenxa yoku kuzithoba kwakhe ke, esi sithwakumbe andisayi kusizisa ngemihla yakhe, koko ndosithoba phezu kwendlu yakhe ngemihla yonyana wakhe.”

1 Yookumkani 22

UMika ulumkisa uAhabhi

(2 Gan 18:2-27)

1Kwaba yiminyaka emithathu iluxolo phakathi kwamaSirayeli nama-Aram.

2Kambe ke kulo nyaka wesithathu uYoshafati ukumkani wakwaJuda wehla waya kubonana nokumkani wakwaSirayeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Ukumkani wakwaSirayeli wayethethe namaphakathi akhe wathi: “Niyaqonda na ukuba iRamoti yaseGiliyadi ngumhlaba wethu, ibe ke asenzi nto ukuzabalazela ukuyithatha kukumkani wama-Aram?”

4Ngoko ke wathi kuYoshafati: “Uya kuhamba nam na, silwe neRamoti yaseGiliyadi?” UYoshafati wathi kukumkani wakwaSirayeli: “Mna nawe sibanye; abantu bam ngabantu bakho, namahashe am ngamahashe akho.”

5Kodwa ke uYoshafati waleka ngelithi kukumkani wakwaSirayeli: “Khawuqale ubuzise kuNdikhoyo.”

6Ngoko ke ukumkani wakwaSirayeli wabaqokelela abashumayeli bekwisithuba samakhulu amane, wathi: “Ndingaya kulwa na neRamoti yaseGiliyadi, okanye ndirhoxe?” Bathi: “Yiya; uNdikhoyo uza kuyinikela esandleni sikakumkani.”

7Kambe ke uYoshafati wathi: “Akusekho mshumayeli kaNdikhoyo na apha esinokubuza kuye?”

8Ukumkani wakwaSirayeli wathi kuYoshafati: “Kusekho indoda enye esingabuzisa ngayo kuNdikhoyo, kodwa ke mna ndiyithiyile, kuba ayishumayeli okuhle ngokubhekisele kum, soloko ibububi bodwa. Igama layo nguMika, unyana kaImla.” UYoshafati wathi: “Hayi bo, ukumkani makangathethi njalo.”

9Ngoko ke ukumkani wakwaSirayeli wabiza elinye lamaphakathi akhe, wathi kulo: “Khawuleza uze noMika, unyana kaImla.”

10Ke kaloku ukumkani wakwaSirayeli noYoshafati ukumkani wakwaJuda babevethe ezobukhosi, bengqendeve ezihlalweni zabo esandeni sokubhula esikufuphi nesango laseSamariya, belapho phambi kwâbo bashumayeli.

11Ke uZedekiya, unyana kaKenana, wayenze iimpondo ngentsimbi, waza ke wathi: “Utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘Ngezi mpondo ùya kuwahlaba uwatshabalalise ama-Aram.’ ”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Nabanye ke abashumayeli bashumayela kwaloo nto, besithi: “Phakathi!
Yihlasele iRamoti yaseGiliyadi. Uza kuyoyisa, kuba uNdikhoyo uyinikele
esandleni sikakumkani.”

13Ke isigidimi esasiphuthume uMika sathi kuye: “Uyabona ke, abanye
abashumayeli batsho ngazwi-nye kukumkani ukuthi uza kuphumelela. Nawe
ke uze ungaphikisani nabo, koko uthethe okuhle.”

14UMika ke yena wathi: “Ekho nje uNdikhoyo, ndiza kuthetha kuphela loo
nto andixelela yona uNdikhoyo!”

15Akuba efikile ke, ukumkani wathi kuye: “Mika, singaya kulwa na neRamoti
yaseGiliyadi, okanye ndirhoxe?” UMika wathi: “Phakathi! Yihlasele; uya
kuyoyisa, kuba uNdikhoyo uyinikele esandleni sikakumkani!”

16Ukumkani wathi kuye: “Koda kube kangaphi ndikufungisa ndisithi musa
ukundixelela nto yimbi ngaphandle kwenyaniso egameni likaNdikhoyo?”

17UMika wathi: “Ewe, uSirayeli ndimbone ethe saa ezintabeni, engathi
ziigusha ezingenamalusi; waza uNdikhoyo wathi: ‘Aba bantu abanankosi,
ngoko ke elowo nalowo makagoduke ngoxolo.’ ”

18Ukumkani wakwaSirayeli wathi kuYoshafati: “Bendingatshongo na kuwe
ukuba lo mfo akaze ashumayele nto intle ngam, koko zezimbi zodwa!”

19Ke uMika waqhuba wathi: “Ngoko ke liveni ilizwi likaNdikhoyo.
UNdikhoyo ndimbone ehleli esihlalweni sakhe, ephahlwe ngumkhosi wonke
wasezulwini, umi ngasekunene nangasekhohlo kwakhe.

20Waza ke yena wathi: ‘Yaz' ukuba ngubani na oya kulukuhla uAhabhi aze
ahlasele iRamoti yaseGiliyadi, khon' ukuze afele khona?’ Omnye uthethe
ngolu hlobo, waza ke omnye wathetha ngoluya.

21Ekugqibeleni ke kuvele moya uthile, wema phambi koNdikhoyo, wathi:
‘Ndiya kumlukuhla mna.’

22‘Uya kumlukuhla kanjani?’ ubuzile uNdikhoyo. Umoya lowo uthe:
‘Ndophuma ndiye ndibe ngumoya wobuxoki emlonyeni wabo bonke

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

abashumayeli.’ Waza ke uNdikhoyo wathi: ‘Hamba ke, wenjenjalo; uya kuphumelela ekumlukuhleni.’

23Ke ngoku uNdikhoyo ufake umoya wobuxoki emilonyeni yabo bonke aba bashumayeli bakho. Ewe, uNdikhoyo ukumisele intlekele.”

24Wasuka ke uZedekiya unyana kaKenana waya kuMika, wafika wamqhwaba ngempama, wathi: “Ugqithe phi na kum loo moya kaNdikhoyo ukuba aye kuthetha kuwe?”

25UMika wathi: “Loo nto uya kuyiqonda mhla waya kuzimela kwigumbi elingaphakathi.”

26Ukumkani wakwaSirayeli wathi: “Mthatheni uMika lo, nimse kuAmon usibonda wesixeko noYowashe unyana kakumkani,

27nithi: ‘Utsho ukumkani ukuthi: Valelani lo mfo entolongweni, angatyi nto ngaphandle komxheshwana wesonka namanzi, ndide ndibuye ndiphilile.’ ”

28Ke uMika wathi: “Ukuba ngaba ungabuya uphilile, woba uNdikhoyo engathethanga ngomlomo wam.” Waza ke wongezelela ngelithi: “Wagqaleni la mazwi xa ninonke, bantundini!”

Ukufa kuka-Ahabhi
(2 Gan 18:28-34)

29Ngoko ke ukumkani wakwaSirayeli noYoshafati ukumkani wakwaJuda benyuka baya eRamoti yaseGiliyadi.

30Ukumkani wakwaSirayeli wathetha noYoshafati, wathi: “Mna ndiza kungena kweli dabi ndinxibe ngendlela eya kundenza ndingaqondakali ukuba ndingukumkani, kodwa ke wena nxiba ezobukhosi.” Ke ukumkani wakwaSirayeli wazenza mntu wumbi, waza ke waya apho edabini.

31Ke ukumkani wama-Aram waziyalela iingqwayi-ngqwayi zeenqwelo zakhe ezingamashumi amathathu anambini, wathi: “Ze ningalwi naye nawuphi na omnye umntu, nokuba ngomncinci, nokuba ngomkhulu, yilwani nokumkani wakwaSirayeli yedwa.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

32Zithe ke iingwayi-ngwayi zeenqwelo zakubona uYoshafati, zacinga zathi: “Ngenene, nguye lo ukumkani wakwaSirayeli.” Ngoko ke zaphethuka zafunzela kuye, kodwa uYoshafati wasuka wakhala,

33zaza iingqwayi-ngqwayi ezo zaqonda ukuba akunguye ukumkani wakwaSirayeli, zayeka ukumsukela.

34Kambe ke joni lithile lasuka lajolisa nje ngokungakhathali ngotolo, suka lachana ukumkani wakwaSirayeli, utolo lwangena ekudibaneni kwezikhuselo awayezinxibile. Ukumkani wathetha nomqhubi wenqwelo yakhe, wathi: “Bandingxwelerhile; yijike inqwelo, siphume edabini.”

35Idabi laqhuba ke yonke loo mini, waye ukumkani exhaswe enqwelweni yakhe, ejongise ngakuma-Aram. Igazi elalimpompoza kwelo nxeba lakhe lada lathi gwantyi phantsi apho enqwelweni, waza ke xa kuhlwayo wafa.

36Kwathi xa lithi ndithenge, kwavakala umyalelo kwalapho emkhosini usithi: “Elowo emzini wakhe! Elowo ezweni lakhe!”

37Waba ke ngaloo ndlela ukumkani wakwaSirayeli uyafa. Waza ke wasiwa eSamariya, wangcwatyelwa khona.

38Loo nqwelo wayekuyo yahlanjwa kwichibi elithile apho eSamariya (kwelo chibi ke kwakuhlambela kulo amahenyukazi). Ke zona izinja zalixhapha elo gazi lakhe ngokwelizwi awayelithethile uNdikhoyo.

39Ke ezinye zeziganeko zolawulo luka-Ahabhi nezenzo zakhe, nelo bhotwe walakhayo walihombisa ngamabamba eendlovu, kunye nezixeko awazinqabisayo, nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaSirayeli.

40UAhabhi waya kuphumla kooyise, waza ke unyana wakhe uAhaziya waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

UYoshafati ukumkani wakwaJuda

(2 Gan 20:31 – 21:1)

41Ke kaloku uYoshafati unyana ka-Asa waba ngukumkani kwaJuda kunyaka wesine uAhabhi engukumkani wakwaSirayeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.

42Ukuqala kwakhe ukulawula wayeneminyaka emashumi mathathu nantlanu,
waza ke walawula eJerusalem iminyaka emashumi mabini anantlanu. Unina
yayinguAzubha intombi kaShili.

43Ngako konke yena wahamba ekhondweni likayise uAsa, akanxaxha konke.
Ewe, wayesenza okulungileyo emehlweni kaNdikhoyo. Kambe ke zona
iindawo eziphakamileyo zonqulo zange zitshitshiswe; abantu bawaqhubela
phambili amadini ababewenza khona ndawonye neziqhumiso.

44UYoshafati wayeseluxolweni nokumkani wakwaSirayeli.

45Ezinye zeziganeko zolawulo lukaYoshafati, nempumelelo yakhe, neemfazwe
awazilwayo, nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaJuda.

46Into awayitshitshisayo elizweni lakhe zizibingelelo zamahenyu
angamadoda, ezazisekho nasemva kolawulo lukayise uAsa.

47Ke kaloku kwaEdom kwakungekho kumkani, koko kwakuphethe ibamba.

48UYoshafati wakha iqela leenqanawa zokurhweba, ukuze ziye eOfire, zifune
igolide. Kambe ke zange zide zihambe, kuba zazisuka zitshone e-Eziyon-
gebhere.

49Ngelo xesha ke uAhaziya unyana ka-Ahabhi wathetha noYoshafati, wathi:
“Khawuvumele amadoda am ahambe ngeenqanawa kunye nala wakho.”
Kodwa ke wala uYoshafati.

50Ke uYoshafati waya kuphumla kooyise, waza wangcwatywa phakathi
kwabo kwisixeko sikaDavide ukhokho wakhe. Esikhundleni sakhe kwangena
unyana wakhe uYoram.

UAhaziya ukumkani wakwaSirayeli

51Ke kaloku uAhaziya unyana ka-Ahabhi waba ngukumkani wakwaSirayeli
eSamariya kunyaka weshumi elinesixhenxe uYoshafati engukumkani
wakwaJuda, waza ke walawula kwaSirayeli iminyaka emibini.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

52Wenza okubi emehlweni kaNdikhoyo, kuba wasuka wahamba ekhondweni likayise nonina, nasezindleleni zikaJerobhowam unyana kaNebhati owalukuhlela uSirayeli esonweni.

53Wakhonza uBhali, equbuda kuye, wawuxhokonxa umsindo kaNdikhoyo uThixo kaSirayeli kwanjengokuba wenzayo noyise.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2 Yookumkani

2 Yookumkani 1

UEliya nokumkani uAhaziya

1Ke kaloku emva kokusweleka kukakumkani uAhabhi, amaMowabhi
amvukela uSirayeli.

2Ke yena uAhaziya wawa efestileni yegumbi eliphezulu lendlu yakhe
eSamariya, waza wenzakala. Ngoko ke wathuma abathunywa, esithi kubo:
“Hambani niye kubuzisa kuBhali-zabhubhe, uthixo wase-Ekron, ukuba ngaba
ndophila na kule ngozi indihleleyo.”

3Kambe ke isithunywa sikaNdikhoyo sathetha noEliya waseTishbhi, sathi:
“Hamba uhlangabeze abaya bathunywa bokumkani waseSamariya, uthi kubo:
‘Ngaba kungenxa yokuba engekho na uThixo kwaSirayeli le nto niya kubuzisa
kuBhali-zabhube isithixo sase-Ekron?’

4Naku ke akuthethayo uNdikhoyo: ‘Akusayi kuvuka kuloo mandlalo ulele
kuwo; uza kufa!’ ” Waza ke waya uEliya.

5Bakubuya ke abathunywa abo, wabuza wathi ukumkani: “Ngani ukuba
nijike?”

6Baphendula ke bona bathi: “Sidibene nomfo othile, wathi masibuyele kuwe,
kumkani, sikuxelele sithi: ‘UNdikhoyo uthi: Ngaba kungenxa yokuba
kungekho Thixo kwaSirayeli, le nto uhamba uye kubuzisa kuBhali-zabhubhe
isithixo sase-Ekron?’ Ewe, uthi: ‘Akusayi kuvuka kuloo mandlalo ulele kuwo;
uza kufa.’ ”

7Ukumkani wathi: “Yayingumfo oluhlobo luni na lowo nidibene naye waza
wathetha loo mazwi kuni?”

8Abathunywa bathi: “Ibingumfo onomnweba owenziwe ngesikhumba
esinoboya, ebhinqe ngethwathwa esinqeni.” Ukumkani wathi: “NguEliya
waseTishbhi lowo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Ngoko ke wathumela apho kuEliya igosa lomkhosi, likunye namadoda alo angamashumi amahlanu. Elo gosa ke laya kuEliya, ehleli encotsheni yenduli, lafika lathi kuye: “Mfo wakwaThixo, ukumkani uthi: ‘Yihla.’ ”

10UEliya waphendula wathi kwelo gosa lomkhosi: “Ukuba ke ndingumfo wakwaThixo, ngamana kwehla umlilo ezulwini, ukutshise ndawonye nala madoda akho angamashumi amahlanu!” Kwehla umlilo ezulwini, walitshisa elo gosa ndawonye naloo madoda alo angamashumi amahlanu.

11Kwesi sithuba ke ukumkani waphinda wathumela elinye igosa lomkhosi kwakuEliya, likwahamba namanye amashumi amahlanu amadoda. Elo gosa lafika lathi kuEliya: “Mfo wakwaThixo, ukumkani uthi: ‘Khawuleza uhle.’ ”

12UEliya waphendula wathi: “Ukuba ke ndingumfo wakwaThixo, ngamana kwehla umlilo ezulwini, ukutshise ndawonye nala madoda akho angamashumi amahlanu!” Kwehla umlilo ezulwini, uvela kuThixo, walitshisa elo gosa ndawonye naloo madoda alo angamashumi amahlanu.

13Kwakhona ukumkani wathumela elesithathu igosa lomkhosi, lihamba namadoda alo angamashumi amahlanu. Eli ke lona igosa lathi lakufika kuEliya laguqa phambi kwakhe, lambongoza lathi: “Mfo wakwaThixo, ndiyakubongoza, yiba nenceba uvelane nam ngenxa yobomi bam nobu bala madoda angamashumi amahlanu, ezi zicaka zakho.

14Kaloku ngaphambili kuye kwehla umlilo ezulwini, wawatshisa amagosa amabini nabo bonke ababehamba nawo. Noko ke ngoku mabuxabiseke kuwe ubomi bam.”

15Ke isithunywa sikaNdikhoyo sathetha noEliya sathi: “Musa ukoyika wena, hamba uhle nalo.” Ngoko ke uEliya wahamba nalo, wehla waya kukumkani.

16Wafika wathi kukumkani: “Utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘Ngaba kungenxa yokuba kungekho Thixo na kwaSirayeli, le nto uthumela abathunywa baye kubuzisa kuBhali-zabhubhe isithixo sase-Ekron? Ngenxa yale nto uyenzileyo ke, akusayi kuvuka kuloo mandlalo ulele kuwo; uza kufa.’ ”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Ngenene ke wafa uAhaziya ngokwelizwi likaNdikhoyo elathethwa nguEliya.
Ke kaloku uAhaziya lo wayengenanyana, ngoko ke kwangena uYoram
endaweni yakhe waba ngukumkani wakwaSirayeli kunyaka wesibini
kaYehoram unyana kaYoshafati ukumkani wakwaJuda.

18Ke zona iziganeko zolawulo luka-Ahaziya, nayo yonke imisebenzi yakhe,
nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaSirayeli.

2 Yookumkani 2

Ukunyuselwa ezulwini kukaEliya

1Ke kaloku ngethuba lokuba uNdikhoyo anyusele uEliya ezulwini
ngesaqhwithi, uEliya noElisha babesendleleni evela eGiligali.

2UEliya wathetha noElisha wathi: “Hlala apha wena, mna uNdikhoyo
undithume eBhetele.” Kodwa yena uElisha wathi: “Ngenene, ngenene, ekho
nje uNdikhoyo, nawe ukho nje, andiyi kwahlukana nawe.” Bahamba ke baya
eBhetele.

3Ke abashumayeli ababelapho eBhetele beza kuElisha, bathi kuye: “Uyaqonda
nje ukuba uNdikhoyo uza kuyithatha le nkosi yakho namhlanje?” UElisha
wathi: “Ewe, ndiyazi; kodwa ke musani ukuyiphatha loo ndawo!”

4UEliya ke wathi kuElisha: “Hlala apha, mna uNdikhoyo undithume eJeriko.”
UElisha wathi: “Ngenene, ngenene, ekho nje uNdikhoyo, nawe ukho nje,
andiyi kwahlukana nawe.” Ngoko ke bahamba baya eJeriko.

5Ke abashumayeli ababelapho eJeriko baya kuElisha, bathi kuye: “Uyaqonda
nje ukuba uNdikhoyo uza kuyithatha le nkosi yakho namhlanje?” UElisha
wathi: “Ewe, ndiyazi; kodwa ke musani ukuyiphatha loo ndawo!”

6UEliya ke wathi kuElisha: “Hlala apha, mna uNdikhoyo undithume
eJordan.” Ke yena wathi: “Ngenene, ngenene, ekho nje uNdikhoyo, nawe
ukho nje, andiyi kwahlukana nawe!” Ngoko ke bahamba bobabini.

7Ke kaloku amashumi amahlanu abashumayeli ahamba afika ema mganyana,
ejonge ngakuloo ndawo babefike bema kuyo eJordan uEliya noElisha.

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Ke Eliya wawuthatha umnweba wakhe, wawusonga, waza wawabetha
ngawo amanzi. Amanzi ke ahlukana kubini, asinga kweli cala nakweliya,
baza ke bobabini bawela emhlabeni owomileyo.

9Besakuba bewelile ke, uEliya ubuze kuElisha wathi: “Khawutsho, yintoni
ofuna ndikwenzele yona phambi kokuba ndahlukaniswe nawe?” UElisha
waphendula wathi: “Mandizuze isabelo esiphindiweyo somoya wakho, sibe
lilifa lam.”

10UEliya wathi: “Ùcele into enzima, kambe ke ukuba undibonile xa
ndahlukaniswa nawe, woyifumana; kungenjalo ke akunakuyifumana loo nto.”

11Bathe ke besahamba kunye njalo, suka kwee gqi inqwelo yomlilo
enamahashe omlilo, yabahlukanisa, uEliya wenyuselwa ezulwini
ngesaqhwithi.

12UElisha ke wayibona yonke loo nto, waza wakhala wathi: “Awu, tata wam,
tata wam! Nâzo iinqwelo nabamahashe bakwaSirayeli!” UElisha ke
akaphindanga ambone uEliya. Wazibamba ke iimpahla zakhe, wazikrazula
zaziziqwenge ezibini.

13Wawuchola ke loo mnweba wawuwe kuEliya, waza waya kuma
elunxwemeni lomlambo iJordan.

14Wawuthatha loo mnweba wawuwe kuEliya, wabetha ngawo amanzi, wathi:
“Uphi ngoku uNdikhoyo uThixo kaEliya, yena kanye?” Uthe ke akuwabetha
amanzi lawo, suka ahlukana kubini, asinga kweli cala nakweliya, waza ke
wawela.

15Ke kaloku bakumbona abashumayeli ababengaphesheya ngaseJeriko bathi:
“Tyhini, nanko umoya kaEliya uhlala kuElisha.” Bamhlangabeza ke, baza
bafika bakhahlela baguqa phambi kwakhe.

16Bathi kuye: “Uyabona, thina zicaka zakho sinamashumi amahlanu amadoda
angabikwa hlaba. Makahambe aye kukhangela inkosi yakho, hleze kuthi

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

kanti uMoya kaNdikhoyo lo uyithathe wayibeka ntabeni ithile, okanye ke ntilini ithile.” UElisha wathi: “Hayi, musani ukuwathuma.”

17Kambe ke abo bashumayeli baphikelela ukuyithetha le nto, wada ke naye waneentloni ukubalela, wathi: “Wathumeni.” Bawathuma ke loo madoda angamashumi amahlanu, aza ke amfuna iintsuku zada zantathu, kodwa akamfumana.

18Athe ke akubuya engamfumananga, eza kuElisha owayehlala eJeriko, waza ke yena wathi kuwo: “Bendingatshongo na ukuba sanukuya?”

Imimangaliso kaElisha

19Ke amadoda eso sixeko athetha noElisha athi: “Mnumzana, uyayibona nawe le dolophu yethu ukuba imi endaweni entle, kodwa ke amanzi ayo mabi, nomhlaba wayo awunamveliso.”

20Wawaphendula wathi: “Yizani nesitya esitsha, nigalele ityuwa kuso.” Ngenene beza naso ke.

21Ke kaloku wasithatha, waya naso emthonjeni, wafika waphosa ityuwa leyo kuwo, esithi: “Utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘Ndiwanyangile la manzi. Soze aphinde abe nakufa, engasoze aphinde ayidodobalise nemveliso yomhlaba.’ ”

22Nangoku ke loo manzi atsho anempilo unanamhlanje, ngokwelo lizwi lathethwa nguElisha.

23Ukusuka apho ke uElisha waya eBhetele. Ke kaloku wathi esahamba apho endleleni, kwavela makhwenkwe athile apho esixekweni, aza aphoxisa ngaye esithi: “Nyuka, mpandlandini! Nyuka, mpandlandini!”

24Ke yena wajika, wawajonga, waza wawashwabulela egameni likaNdikhoyo. Ke kaloku kwavela iimazi ezimbini zamabhere kuloo mahlathi, zaza zawaqwenga amashumi amane anambini kuloo makhwenkwe.

25Ukusuka apho ke waya kwintaba iKarmele, waza ke wasuka khona wabuyela eSamariya.

2 Yookumkani 3

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Uvukelo lweMowabhi

1UYoram, unyana ka-Ahabhi, waba ngukumkani wakwaSirayeli eSamariya
kunyaka weshumi elinesibhozo wolawulo lukaYoshafati ukumkani
wakwaJuda, walawula iminyaka elishumi elinambini.

2Ke kaloku wenza okubi emehlweni kaNdikhoyo; noko ke akadanga afike
kumgangatho kayise nonina. Walisusa ilitye likaBhali, elo lalenziwe nguyise.

3Kambe ke naye wabambelela kwizono zikaJerobhowam unyana kaNebhati,
ezo wayemlukuhlele kuzo uSirayeli; ewe, naye akashenxanga kuzo.

4Ke kaloku uMesha ukumkani waseMowabhi wayefuye iigusha, erhuma
kukumkani wakwaSirayeli ngekhulu lamawaka amatakane nangoboya
beenkunzi zeegusha ezilikhulu lamawaka.

5Kambe ke akuba engasekho ukumkani uAhabhi, ukumkani waseMowabhi
wamgwilikela ukumkani wakwaSirayeli.

6Ngoko ke ngelo thuba ukumkani uYoram waphuma eSamariya, wayiqokelela
yonke imikhosi kaSirayeli.

7Waza ke wathumela kukumkani uYoshafati wakwaJuda esithi: “Ukumkani
waseMowabhi undigwilikele. Awungebi nako na ke ukundixhasa silwe nayo
iMowabhi?” Ke uYoshafati wathi: “Kulungile, ndiyaya. Mna nawe sibanye;
abantu bam ngabantu bakho, namahashe am ngamahashe akho.”

8Waza ke wathi: “Sovela ngaliphi na icala xa sibahlaselayo?” UYoram
waphendula ngelithi: “Ngentlango yase-Edom.”

9Waphuma ke ngoko ukumkani wakwaSirayeli, enokumkani wakwaJuda
nowase-Edom. Emva kwendlela ejikelezayo yeentsuku ezisixhenxe umkhosi
lowo waphelelwa ngamanzi, akwabikho nala emfuyo.

10Ke kaloku ukumkani wakwaSirayeli wathi: “Yini le, angathini uNdikhoyo
ukuqokelela ookumkani abathathu aba, kanti uza kusuka abanikele esandleni
samaMowabhi ngolu hlobo?”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11UYoshafati wathi: “Bekungasekho mshumayeli kaNdikhoyo esingabuzisa
kuNdikhoyo ngaye na apha?” Ke igosa elithile lokumkani wakwaSirayeli
laphendula lathi: “Ukhona apha uElisha, unyana kaShafati. Ngulowa
wayelihlakani likaEliya.”

12UYoshafati wathi: “Nanko ke umntu onelizwi likaNdikhoyo!” Ngoko ke
ukumkani wakwaSirayeli ekunye noYoshafati nokumkani wase-Edom behla
baya kuye.

13Ke uElisha wathi kukumkani wakwaSirayeli: “Andinanto yakwenza nawe!
Hamba wena uye kubashumayeli bakayihlo nonyoko!” Waphendula ke
ukumkani wakwaSirayeli wathi: “Hayi kaloku, nguNdikhoyo ngokwakhe
osiqokeleleyo thina zikumkani sobathathu, wathi kanti uza kusinikela
esandleni samaMowabhi.”

14Ke uElisha wathi: “Inene, ekho nje uNdikhoyo uSomandla, lo
ndimkhonzayo, ukuba bekungeyiyo into yokuba ndihlonele ubukho
bukakumkani uYoshafati wakwaJuda, ngendinganijongi nokunijonga,
ndinganikhathalele futhi.

15Kodwa ke khawuze nomdlali wehapu.” Uthe ke umdlali-hapu lowo
akuyikhalisa, satsho saphezu koElisha isandla sikaNdikhoyo,

16waza wathi: “Utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘Yenzani imisele kule ntili.’

17Kuba kaloku uNdikhoyo uthi: ‘Akuyi kubakho moya namvula, kodwa yona
intili le yophuphuma amanzi, uze ke wena neenkomo zakho nayo yonke
imfuyo yakho ningawasweli amanzi okusela.’

18Leyo ke yinto elula kuNdikhoyo; noMowabhi lowo womnikela esandleni
senu.

19Zonke izixeko ezinqatyisiweyo kunye nezo zizezona zibalulekileyo niya
kuzoyisa. Yonke imithi emihle niya kuyigawula, niyivingce yonke imithombo,
namasimi endyebo onke niwonakalise ngamatye.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[20]Ngentsasa elandelayo ke, ngexesha lokunikela amadini, kwaba sekunjalo: amanzi ayempompoza evela ngakwicala lakwaEdom! Ewe, yaba zizantyala-ntyala zamanzi.

[21]Ke amaMowabhi avile ukuba ookumkani aba beze kulwa nawo; ngoko ke aqokelela yonke into eyindoda, omncinci nomdala onako ukuxhoba ezemfazwe, aza emiswa emideni.

[22]Ukuvuka kwawo kusasa ilanga lalikhazimla emanzini. Ke kaloku ngaphesheya phaya kumaMowabhi amanzi lawo asuka angathi abomvu njengegazi.

[23]Athi: “Hayi bo, ligazi eliya! Ookumkani abaya fana balwe bodwa babulalana. Phakathi, maMowabhi! Amaxhoba ahlel' odwa!”

[24]Kodwa ke athi akufika ekampini yamaSirayeli amaMowabhi lawo, suka avuka amaSirayeli, alwa ada awasukela. Hayi ke, amaSirayeli alihlasela elo lamaMowabhi, akawabulala awaxhela.

[25]Azitshabalalisa iidolophu, aza kuloo masimi anendyebo yayileyo indoda yaphosa ilitye, yaza yaba lilitye nje kuloo masimi. Ayivingca imithombo, ayigawula nemithi emihle. YiKir-hareshete yodwa ekungazange kuchukunyiswe nelitye eli kuyo, kodwa nayo amadoda axhobe ngeenkwitshi ayingqinga ayihlasela.

[26]Uthe ke akubona ukuba idabi limongamele ukumkani waseMowabhi, suka wathatha amakhulu asixhenxe amadoda alwa ngeentshuntshe, wazama ukutyhoboza aphumele kukumkani wase-Edom, kambe ke woyiswa nayile into.

[27]Ngoku ke wathatha unyana wakhe oyinkulu, eyayiza kuba ngukumkani xa yena engasekho, wenza ngaye idini elitshiswayo phezu kodonga lwesixeko eso. Ke kaloku amaSirayeli akhamnqa ngendlela engathethekiyo; aza ke ahlehla agoduka.

2 Yookumkani 4

Amafutha omhlolokazi

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

1Umhlolokazi othile, omyeni wayengomnye wabashumayeli, wakhalela uElisha esithi: “Umyeni wam ongasekhoyo, isicaka sakho, nawe uyamazi ukuba ebemhlonele uNdikhoyo. Kambe ke ngoku engasekho umntu awayenetyala kuye ufuna ukuthimba amakhwenkwe am amabini abe ngamakhoboka.”

2UElisha wathi kuye: “Ndingakunceda kanjani ke? Khawutsho, unantoni endlwini yakho?” Ke yena wathi: “Akukho nto sinayo isicakazana sakho esi ngaphandle kwengqayana yamafutha omnquma.”

3UElisha wathi: “Khawuhamba-hambe ujikeleze ebumelwaneni, ufune iingqayi ezingenanto, zingabi mbalwa, koko zibe ninzi.

4Wakuba uzifumene ke, ngena endlwini yakho noonyana bakho, nizivalele khona. Uze ke ugalele amafutha lawo kwezo ngqayi zonke. Yakuzala enye yibeke bucala.”

5Bahlukana ke, waza wazivalela noonyana bakhe apho endlwini. Bazizisa kuye iingqayi, waza ke yena wamana ezizalisa ngamafutha omnquma.

6Zithe ke zakuzala zonke, wabhekisa kunyana wakhe wathi: “Yiza nenye kwakhona.” Kodwa ke yena wathi: “Ziphelile; akukho yimbi eseleyo.” Namafutha ke atsho aphela.

7Wahamba ke waya kuxelela umfo wakwaThixo owathi kuye: “Hamba uye kuthengisa loo mafutha, uhlawule amatyala akho. Aseleyo ke nophila ngawo, wena noonyana bakho.”

Ukuphiliswa konyana womShunemikazi

8Ngenye imini uElisha waya eShunem. Khona apho kwakukho mfazi uthile usisityebi owamcelayo ukuba angene endlwini yakhe afumane into etyiwayo. Ebesithi ke, xa adlulayo, aphambukele khona ukuba afumane into etyiwayo.

9Lo mfazi ke wathetha nendoda yakhe wathi: “Ndiyaqonda ukuba lo mfo umana engena apha ngumntu okhethekileyo wakwaThixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Ngoko ke masimakhele igunjana apha phezu kwendlu yethu, kulo sibeke umandlalo, itafile, isitulo, nesibane, khon' ukuze athi xa efikile ahlale kulo.”

11Efikile ke ngenye imini uElisha, wangena apho kwelo gumbi lakhe, wangqengqa.

12Wathetha nehlakani lakhe uGehazi, wathi: “Khawubize lo mfazi womShunem eze apha.” Wambiza ke, waza wafika wema phambi kwakhe.

13UElisha wathi kuGehazi: “Buza kuye uthi: ‘Njengoko usenzele yonke le nquleqhu nje, mna ke ndingakwenzela ntoni? Awungethandi ndikuthethele kukumkani okanye kwinjengele yomkhosi?’ ” Ke yena wathi: “Hayi noko, ndihleli phakathi kwamawethu.”

14UElisha wathi: “Ngaba angenzelwa ntoni na?” UGehazi wathi: “Ngathi akananyana, ibe ke nendoda yakhe seyikhulile.”

15UElisha wathi: “Mbize.” Ngoko ke wambiza, waza wafika wema emnyango.

16UElisha wabhekisa kuye wathi: “Ngeli xesha kunyaka ozayo uya kuba usingathe unyana ezandleni zakho.” Ke kaloku yena wathi: “Hayi, nkosi yam, mfo wakwaThixo, musa ukusikhohlisa isicakazana sakho.”

17Ewe, umfazi lowo ke wamitha, waza ke kunyaka olandelayo malunga nelo thuba wafumana unyana ngokwelizwi elalithethwe nguElisha.

18Akukhula ke umntwana lowo, ngamhla uthile waya kuyise owayesemasimini nabavuni.

19Wathi kuyise: “Intloko yam; intloko yam!” Uyise ke wabhekisa kwisicaka sakhe, wathi: “Mthwale umse kunina.”

20Samthwala ke, samsa kunina, umntwana lowo wahlala njalo esingathiwe ngunina, kwada kwasemini, waza ke wasweleka.

21Ke unina wamthatha waya naye kwigumbi lomfo wakwaThixo, wafika wambeka emandlalweni wakhe, waza ke waluvala ucango waphuma.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22Ke wathetha nomyeni wakhe wathi: “Nceda utsho isicaka size nedonki apha; ndifuna ukuya kulaa mfo wakwaThixo ngoku, ndiphinde ndibuye.”

23Ke yena wabuza wathi: “Ngani ukuba uye kuye namhlanje? Inyanga ayikathwasi, ibe ingenguwo noMhla woPhumlo.” Umfazi waphendula wathi: “Sukukhathazeka.”

24Waza ke umfazi lowo wabeka isali edonkini, wathi kwisicaka: “Ndikhokele, ungacothi ngaphandle kokuba kutsho mna.”

25Ngoko ke waphuma waya kumfo wakwaThixo kwintaba iKarmele. Umfo wakwaThixo wambona esemgama, waza wathetha nehlakani lakhe uGehazi, wathi: “Uyabona, nankuya umShunemikazi esiza!

26Yiya kumhlangabeza, ufike ubuze uthi: ‘Uphila njani? Usaphila umyeni wakho? Umntwana yena uphilile?’ ” “Hayi noko konke nje kulungile,” waphendula watsho.

27Uthe ke akufika apho entabeni kumfo wakwaThixo wasuka wambamba ezinyaweni. Ke yena uGehazi wafuna ukumtyhiliza, kodwa ke umfo wakwaThixo wathi: “Hayi, myeke! Usengxakini ebuhlungu, kambe uNdikhoyo undifihlele, akandixelela ukuba kungenxa yantoni na.”

28Umfazi lowo wathi: “Ngaba ndakha ndamcela na umntwana kuwe, nkosi yam? Ndandingatshongo na ukuthi: ‘Musa ukundinika ilize lethemba’?”

29UElisha wabhekisa kuGehazi wathi: “Finyeza uxhabashe! Thatha induku yam, uhambe ngokukhawuleza, ubaleke. Umntu odibana naye ngendlela uze ungambulisi, nawe xa umntu ekubulisa, uze ungachithi ixesha ngempilo. Le nduku yam uze uyibeke phezu kobuso benkwenkwe leyo.”

30Kodwa ke unina womntwana wathi: “Ekho nje uNdikhoyo, ukho nje nawe, andiyi kuhamba ngaphandle kwakho.” Ngoko ke waphakama uElisha wamlandela.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

31Ke kaloku uGehazi wabakhokela, wafika wabeka induku leyo phezu kobuso benkwenkwe, kodwa ke kwathi cwaka akwabikho kusabela. Ke uGehazi wajika wahlangabeza uElisha wamxelela esithi: “Laa nkwenkwe ayivuki tu.”

32Ekufikeni kwakhe ke uElisha kwelo khaya, wafumana inkwenkwe leyo isemandlalweni wakhe, iseliswelekile.

33Akufika ke wangena apho egumbini, waza waluvala ucango, basala bobabini, waza ke wathandaza uNdikhoyo.

34Ngoko ke wazolula apho phezu kwaloo nkwenkwe, yangumlomo emlonyeni, neliso elisweni, nezandla ezandleni. Kuthe ke kusenjalo, suka waya ufudumala ngokufudumala umzimba wenkwenkwe leyo.

35UElisha ke wakhe wayishiya, wahamba-hamba apho endlwini, waza ke waphinda wabuya wazolula apho phezu kwenkwenkwana. Ke inkwenkwe leyo yathimla kasixhenxe, yaza ke yawavula amehlo ayo.

36UElisha wayalela uGehazi wathi: “Khawubize umShunemikazi lowo!” Wambiza ke, kwathi akuba efikile wathi: “Thatha, nanko unyana wakho!”

37Wangena ke, wavova, waguqa emhlabeni. Waza ke wasuka wamthatha unyana wakhe lowo, waphuma.

Imbiza enokufa

38Ke uElisha wabuyela eGiligali. Ngelo thuba kwakukho imbalela kuloo ngingqi. Ke kaloku iqela labashumayeli lalihleli phambi kwakhe, waza wathi kwihlakani lakhe: “Thatha imbiza enkulu, uphekele aba bashumayeli isityu.”

39Omnye wâbo bashumayeli waphuma, waya emasimini, wafika waqokelela amathangazana. Wawaqokelela wawaqushula ngesondo lengubo yakhe. Akubuya ke wawanqunqela kuloo mbiza yesityu, nakuba kwakungekho mntu uwaziyo into ayiyo.

40Isityu eso ke saphakwa sanikwa loo madoda, kodwa ke athe xa aqalayo ukutya akhala athi: “Mfo wakwaThixo, ukufa kusembizeni!” Akaba nako ke ukusitya esi sityu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

41Ke uElisha wathi: “Ndiziseleni umgubo wengqolowa.” Wawuthatha ke,
wawugalela apho embizeni, wathi: “Phakelani abantu batye.” Bakutya ke
ukutya oko kungenasikhwa.

Ukudliswa kwabantu abalikhulu

42Ke kaloku kwafika umfo othile, evela eBhali-shalisha, ezisele umfo
wakwaThixo izonka ezinerhasi ezimashumi mabini. Zazenziwe ngolibo
lwerhasi. Kananjalo wayephethe nezikhwebu zolibo olo. UElisha wathi kuye:
“Yipha abantu batye.”

43Kambe ke saphendula isicaka sathi: “Ndingathini ukubeka intwana engaka
phambi kwabantu abalikhulu?” Kodwa ke uElisha wathi: “Yipha abantu
batye. Kaloku uNdikhoyo uthi: ‘Baya kutya bade bakushiye.’ ”

44Wakuthatha ke wakunika abantu, baza batya bada bakushiya, ngokomlomo
kaNdikhoyo.

2 Yookumkani 5

Ukuphiliswa kukaNahaman

1Ke kaloku uNahaman wayeyinjengele yomkhosi wokumkani wakwa-
Aram. Yayingumfo ohlonitshwayo noxatyisiweyo nayinkosi yakhe. Kaloku
kwakungaye lowo ukuze uNdikhoyo awaphe uloyiso ama-Aram. Wayelikroti
lomfo, nto nje eneqhenqa.

2Ke iqela elithile lama-Aram laphuma lahlasela uSirayeli, laza lathimba
ntombazana ithile, yaza ke yaya kusebenzela umka-Nahaman.

3Ke yona yathi apho kuloo mfazi: “Akwaba inkosi yam le ibingabonana
nomshumayeli okweliya laseSamariya! Ebengayiphilisayo kweli qhenqa
layo.”

4UNahaman waya enkosini yakhe, wayibikela oko kuthethwe yintombazana
yakwaSirayeli.

5Ke ukumkani wakwa-Aram wathi: “Kulungile, ungaya; ndokuphathisa neleta
eya kukumkani wakwaSirayeli.” Wanduluka ke ngoko uNahaman ephethe

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

amashumi amathathu amawaka esiliva, nesithandatu samawaka egolide, kunye neshumi lezambatho zokutshintsha ezenziwe ngelaphu elihle kunene.

6Loo leta wayisayo kukumkani wakwaSirayeli yayisithi: “Le leta ipheleka iphakathi lam uNahaman, endimthumela kuwe, khon' ukuze umnyange kwelo qhenqa lakhe.”

7Uthe ke asakuyifunda loo leta ukumkani wakwaSirayeli, suka wazikrazula izambatho zakhe esithi: “Ngaba ndinguThixo ngoku? Ndingabulala kakade, okanye ndiphilise? Ngani ke ukuba lo mfo andithumelele umntu ekufuneka anyangwe iqhenqa? Kucacile ukuba lo mfo uzama ukuqhwaya udushe!”

8Ke uElisha umfo wakwaThixo uthe akuva ukuba ukumkani wakwaSirayeli uzikrazule izambatho zakhe, wathumela kuye esithi: “Ngani ukuba ude ukrazule izambatho zakho? Loo mntu mthumele apha kum; uya kutsho aqonde ukuba ukho umshumayeli kwaSirayeli.”

9Ngoko ke uNahaman wahamba naloo mahashe, nezo nqwelo zakhe, waya kuma esangweni kwamshumayeli uElisha.

10UElisha wamthumelela isigidimi esithi: “Yiya emlanjeni iJordan, uhlambe kasixhenxe. Ulusu lwakho lobuyela kwimo yalo yangaphambili, uhlambuluke.”

11Kambe ke uNahaman wemka apho egqusha ngumsindo, esithi: “Mna bendicinga ukuba lo mfo uya kuphuma eze kum, akhe eme anqule igama likaNdikhoyo uThixo wakhe, futhi akhe awangawangise nangesandla kule ndawo, ukuze ke ndinyangeke.

12Kanti, ngaba akukho mlambo ngoku eDamasko? Ziye phi iAbhana neFarpare, imilambo yokwenyani edlula nawuphi na okwaSirayeli? Bendingehlambi khona ndihlambuluke?” Wajika, wahamba enomsindo.

13Ke zona izicaka zikaNahaman zaya kuye, zathi: “Nkosi, ukuba umshumayeli lowa ebethe yenza into enkulu kunale, ngaba ubungayi kuyenza na? Kukangakanani ke, nkosi, xa yena esithi: ‘Hlamba ukuze uhlambuluke’!”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Ngoko ke uNahaman wehla waya eJordan, wafika wantywila khona
kasixhenxe ngokwelizwi awayelixelelwe ngumfo wakwaThixo. Ngenene ke
ulusu lwakhe lwahlaziyeka lwahlambuluka lwaba njengolomntwana.

15Ke kaloku uNahaman namaphakathi akhe lawo onke babuyela kumfo
wakwaThixo. Wema phambi kwakhe wathi: “Ngoku ndiyaqonda ukuba
akukho Thixo wumbi ehlabathini liphela ngaphandle kwalowo
wakwaSirayeli! Ngoko ke nceda wamkele nasi isipho osinikwa sisicaka
sakho!”

16Ke umshumayeli waphendula wathi: “Ekho nje uNdikhoyo, lo
ndimkhonzayo, andisayi kwamkela nento le!” Ewe, wala kwaphela, nakuba
wazamayo ukumcenga uNahaman.

17UNahaman waqhuba wenjenje: “Xa ke ungavumi ke, nkosi yam, mna ke
ndiyakubongoza, mna sicaka sakho, mandiphiwe umhlaba ongumthwalo
olingene iimeyile ezimbini, kuba kaloku mna sicaka sakho andisoze
ndiphinde nditshise madini, ndenze naminikelo kuthixo ongomnye
ngaphandle koNdikhoyo.

18Kodwa ke uNdikhoyo makandixolele mna sicaka sakho, ngenxa yale ndawo:
kaloku kuza kuthi xa inkosi yam ingena kwisibingelelo sikaRimon, isiya
kunqula khona, ide ibambelele nakule ngalo yam, nam kofuneka ndikhahlele.
Ewe, into endiyicelayo kukuba ndithi xa ndinqula apho esibingelelweni
sikaRimon, uNdikhoyo andixolele mna sicaka sakho ngaloo nto.”

19UElisha wathi kuye: “Hamba ngoxolo!” Emzuzwini, uNahaman selehambe
umgama othile,

20uGehazi ihlakani likaElisha, umfo wakwaThixo, wathetha yedwa wathi:
“Hayi khona, inkosi yam le ide yagabadela ukumlungiselela oku lo mAram
unguNahaman. Ingathini ukude ingathathi nomrhumo aze nawo lo? Hayi,
suka; ekho nje uNdikhoyo, ndiza kumsukela, ukuze ndibe nento
endiyifumanayo kuye!”

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21Waxhabasha ke uGehazi emva koNahaman. Uthe uNahaman akumbona
ebaleka esiza ngakuye, suka wehla enqwelweni yakhe wamhlangabeza.
Wabuza wathi: “Ngaba akukho nto yonakeleyo na kodwa?”

22UGehazi uphendule wathi: “Hayi, akukho monakalo. Nto nje inkosi yam
indithumile isithi: ‘Kukho bafana babini beqela labashumayeli abakhov'
ukufika, bephuma kweleentaba lakwaEfrayim. Ngoko ke nceda ubaphe
amawaka amathathu esiliva nezambatho ezibini zokutshintsha.’ ”

23UNahaman waphendula esithi: “Ewe, kukuwe; ungawafumana amawaka
amathandathu esiliva.” Wacenga ke esithi uGehazi makawamkele, waza ke
loo siliva wayifaka kwiingxowa ezimbini, wamnika nezo zambatho zibini
zokutshintsha. Ke uNahaman loo mthwalo wawunikela kwizicaka ezibini,
zamandulela uGehazi ziwuphethe.

24Akufika endulini uGehazi wawuthatha loo mthwalo apho kwizicaka, waya
kuwubeka endlwini. Ke zona izicaka ezo wazindulula zemka.

25Kamva ke wangena waya kwinkosi yakhe uElisha. UElisha wabuza ke
wathi: “Uvela phi na, Gehazi?” UGehazi waphendula wathi: “Hayi, nkosi
yam, isicaka esi sakho asiveli ndawo!”

26Waza ke uElisha wathi kuye: “Andithi na kaloku umoya wam ubukunye
nawe okuya laa ndoda ibisihla enqwelweni ikuhlangabeza? Uthi ngaba eli
lixesha lokwamkela imali, okanye impahla, izinquma, izidiliya, imihlambi
yeegusha neyeenkomo, okanye izicaka ezibhinqileyo nezingamadoda?

27Ngoko ke iqhenqa likaNahaman liya kuthi nca kuwe nakwisizukulwana
sakho naphakade.” Ewe, uGehazi wathi esimka apho kuElisha
wayeseleneqhenqa, emhlophe qhwa oku kwephepha!

2 Yookumkani 6

Izembe liyadada

1Iqumrhu labashumayeli lathetha noElisha lathi: “Le ndawo sihlala kuyo
kunye nawe incinci gqitha, ayisilingani.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Masiye eJordan, ibe ngulowo nalowo azigawulele isibonda, ukuze sizakhele
indawo yokuhlala khona.” Ke uElisha wavuma, wathi: “Yiyani.”

3Omnye wabashumayeli wathi: “Awungehambi nazo na izicaka zakho, nkosi
yam?” UElisha wathi: “Nam ndiyaya.”

4Waza wahamba nabo. Baya ke eJordan, baza bagawula imithi khona.

5Omnye wabo uthe esagawula umthi, suka lapoqa izembe lakhe, le ndawo
iyintsimbi yatshona emanzini. Wakhala watsho ebhekisa kuElisha: “Awu,
ibingelilo nelam, belibolekiwe!”

6Wabuza wathi umfo wakwaThixo: “Liwe phi?” Akuba ebonisiwe ke uElisha
wagawula ukhuni, waza waluphosa kuloo ndawo lalitshone kuyo izembe. Ke
izembe elo latsho lavela ladada.

7Wathetha wathi: “Likhuphe.” Waza ke umnini walo wasolula isandla,
walirhola.

Ukumfanyekiswa kwama-Aram

8Ke kaloku kwakungekho mvano phakathi kokumkani wakwa-
AramnowakwaSirayeli. Wasuka ke wathetha-thethana namaphakathi akhe
ukumkani wakwa-Aram, wathi: “Imikhosi yam ndoyimisa endaweni ethile.”

9Umfo wakwaThixo wathumela isilumkiso kukumkani wakwaSirayeli, esithi:
“Musa ukudlula kwelo cala, kuba ama-Aram ehlela ngakhona.”

10Ngoko ke ukumkani wakwaSirayeli wayijonga loo ndawo yayikhonjwa
ngumfo wakwaThixo. Kwaba kaninzi uElisha elumkisa ukumkani, waza ke
wahlala eyilumkele loo migibe.

11Le nto ke yamcaphukisa ukumkani wakwa-Aram, waza wabiza
amaphakathi akhe, wathi: “Apha phakathi kwethu ngubani
ongakumaSirayeli?”

12Elinye ke laphendula lathi: “Mhlekazi, akukho mntu ungakumaSirayeli apha
kuthi; into ekhoyo kukuba uElisha, umshumayeli wakwaSirayeli, wazi

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

namazwi owathethe egumbini lakho lokulala, aze kananjalo awaxelele ukumkani wakwaSirayeli.”

13Ukumkani wakwa-Aram ke wathi: “Hambani niye kumjonga apho akhoyo, ukuze ndithumele amadoda aye kumbamba.” Ke ilizwi labuya lisithi: “Nanko eDotan.”

14Waza ke wathumela amahashe neenqwelo nomkhosi owomeleleyo. Bafika ngobusuku, basingqinga isixeko eso.

15Sithe ke sakuvuka isicaka somfo wakwaThixo, ekuseni ngentsasa elandelayo, sabona kuthe thinte umkhosi, ingamahashe neenqwelo, isixeko usingqingile. Isicaka sathi kuye: “Yaz'ba siya kuthini na, nkosi yam?”

16Ke yena umshumayeli wathi: “Hayi, musa ukoyika! Aba bangakuthi baninzi kunabo bangakubo.”

17UElisha wathandaza wathi: “Ndikhoyo, khawuwavule amehlo akhe, ukuze abone.” UNdikhoyo ke wawavula amehlo esicaka eso, saza sathi sakukhangela sabona intaba inyakazela ngamahashe neenqwelo zomlilo, ziphahle uElisha.

18Luthe xa luhlayo utshaba olo lusiza ngakuElisha, suka yena wathandaza kuNdikhoyo wathi: “Khawubethe aba bantu ngobumfama.” UNdikhoyo ke wabatsho baziimfama ngokwesicelo sikaElisha.

19UElisha wathi kubo: “Ayisiso esi sixeko nisifunayo esi, ingeyiyo nendlela eya kuso le! Landelani mna, ndinise kuloo mntu nimfunayo.” Waza ke wabakhokelela eSamariya.

20Bathe ke bakungena esixekweni, uElisha wathi: “Ndikhoyo, wavule amehlo aba bantu, babone.” Wawavula ke uNdikhoyo amehlo abo, bazibona ke ukuba baphakathi eSamariya.

21Akubabona ukumkani wakwaSirayeli, wabuza kuElisha wathi: “Ndingabinza na, bawo? Uthini, uthi mandibabulale?”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22Waphendula wathi uElisha: “Hayi, sukubabulala! Kaloku ukuba ububathimbe ngekrele nesaphetha ngewungababulali. Banike ukutya namanzi, batye basele, bagoduke baye enkosini yabo.”

23Ngoko ke wabenzela isidlo esikhulu ukumkani, baza ke bathi bakugqiba ukutya nokusela wabandulula, babuyela enkosini yabo. Loo maqela ama-Aram ke atsho ayeka ukuhlasela ummandla wakwaSirayeli.

Ukungqingwa kweSamariya

24Mzuzwana emva koko uBhenadadi ukumkani wakwa-Aramwawuhlanganisa umkhosi wakhe uphela, waza waya kungqinga iSamariya.

25Kwabakho indlala enkulu apho eSamariya. Ixesha lokunqingwa kwaso laba lide ngangokuba intloko yedonki yayithengiswa ngeesiliva ezimashumi asibhozo, ke wona amakhulu amabini eegram zobulongwe behobe bezithengiswa ngeesiliva ezintlanu.

26Ukumkani wakwaSirayeli wathi egqitha ehamba eludongeni kwabakho umfazi okhalayo esithi: “Nceda, nceda, nkosi yam kumkani!”

27Ukumkani waphendula wathi: “Xa ungenakuncedwa nguNdikhoyo, uthi mna mandiluthathe phi uncedo? Esandeni okanye kwisixovulelo sewayini?”

28Waza wambuza wathi: “Ingxaki yakho yintoni?” Umfazi lowo waphendula wathi: “Lo mfazi uthe mandincame unyana wam simtye, ukuze ngemini elandelayo sitye owakhe unyana.

29Ngoko ke sampheka unyana wam, samtya. Ngomhla olandelayo ke, ndithe ndakuthi kuye makeze nonyana wakhe simtye, suka wamfihla.”

30Akuyiva loo mbali ukumkani wasuka wazikrazula izambatho zakhe. Bathi bakumjonga abantu ehamba apho eludongeni, bafumanisa ukuba emzimbeni unxibe ezirhwexayo.

31Wathi: “UThixo makandohlwaye nokuba kuqatha kangakanani na ukuba ndithe namhlanje ndayiyeka ihleli kuye intloko kaElisha unyana kaShafati!”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

32Ke uElisha wayesendlwini yakhe, ehleli namadoda amakhulu. Ukumkani
wathumela isigidimi, kodwa sathi singekafiki uElisha wathetha namadoda
amakhulu lawo, wathi: “Kanti aniboni, naso esi sigwinta sithumela umntu
ukuba andinqumle intloko! Niyabona ke, ze nithi sakufika eso sigidimi
niluvale ucango, niluqinise, singabi nako ukungena. Kaloku izingqi zenkosi
yaso nazo emva kwaso.”

33Esathetha nawo njalo, sagaleleka isigidimi. Ke ukumkani wathi: “Le ntlekele
ivela kuNdikhoyo. Ngani ke ukuba ndibe salindela uNdikhoyo?”

2 Yookumkani 7

1UElisha waphendula wathi: “Phulaphula, nali ilizwi likaNdikhoyo!
UNdikhoyo utsho ukuthi: ‘Malunga neli xesha ngomso iikhilogram ezintathu
zomgubo wengqolowa kananjalo neekhilogram ezintandathu zerhasi apha
eSamariya zobe zithengiswa ngesiliva enye kuphela.’ ”

2Ke iphakathi awayethembele ngalo ukumkani lathi apha kumfo
wakwaThixo: “Unotshe! Soze yenzeke into enjalo, nditsho nokuba uNdikhoyo
ebenokwenza iifestile ezulwini.” UElisha waphendula wathi: “Le nto
ndiyithethayo uza kuyibona ngala wakho amehlo, kambe kona ukutya soze
ukufake kuloo mlomo wakho!”

Ukumka komkhosi wakwa-Aram

3Ke kaloku esangweni lesixeko phaya kwakukho amadoda amane
awayeneqhenqa. Athetha-thethana athi: “Ngani ukuba sihlale apha side sife?

4Ukuba sithi: ‘Masingene esixekweni,’ yindlala yodwa khona, siya kufa. Noba
singade sihlale apha, siza kufa. Ngoko ke masiwelele kwikampu yama-
Aram, sizinikele kuwo. Ukuba asisindisile, sophila ke; ukuba kanti athe
asibulala, sifile ke.”

5Ngongcwalazi avuka aya ekampini yama-Aram. Athe esondela emacaleni
ekampu yama-Aram lawo, kwaye kungabonakali nomntu lo.

6Kaloku uNdikhoyo ama-Aram lawo wawenza eva isandi seenqwelo
namahashe, kwaba ngathi kuza umkhosi omkhulu. Ngoko ke athetha-

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

thethana athi: “Niyabona ukumkani wakwaSirayeli uqeshe ookumkani bamaHiti nookumkani baseJiputa ukuze basihlasele.”

7Ngoko ke ama-Aram lawo asuka abaleka ngongcwalazi, ashiya konke: iintente, namahashe, needonki zawo. Ikampu yawo leyo ayishiya injalo, asindisa ubomi bawo kuphela.

8Loo madoda ayeneqhenqa ke afika emacaleni ekampu leyo, aza angena kwenye yeentente ezo. Hayi ke, azenzela atya, asela, ade aziphathela isiliva, igolide, nempahla yokunxiba, emka nazo, aya kuzifihla. Aphindela abuyela kwenye intente, nalapho azithathela izinto, aya kuzifihla nazo.

9Asuka athi enye kwenye: “Asilungisi xa sisenjenje. Le yimini yeendaba ezimnandi, ibe ke thina naku sizigcine kuthi. Ukuba siyalinda kukhanye siya kufikelwa sisohlwayo. Ngoko ke masihambe kwangoku, siye kuxela ezi ndaba komkhulu.”

10Ahamba ke, afika abiza abalindi bamasango, abaxelela athi: “Besiye phaya kwikampu yamaSiriya, saza safika kungekho nalo mnye umntu khona. Hayi, akukho nesandi esi somntu khona! Into ekhoyo ngamahashe, needonki ezibotshelelweyo. Iintente zisenjengoko bezinjalo nazo.”

11Abalindi-masango ke nabo bakhwaza babhengeza iindaba ezo apho komkhulu.

12Ukumkani wavuka ebusuku njalo, wathetha namaphakathi akhe, wathi: “Nantsi into asenze yona ama-Aram. Ayazi ukuba siyalamba, ngoko ke ayishiyile ikampu yawo, aya kuzimela emaphandleni, esithi: ‘Xa bephuma esixekweni siya kubabamba bephila, size ke sisifikele isixeko.’ ”

13Elinye iphakathi lathi: “Masikhuphe amadoda athile, athathe amahashe amahlanu kwaseleyo apha esixekweni. Isiphelo sawo sofana nawo onke amaSirayeli, la asele apha esixekweni. Ewe, nawo oba selelindelwe kukufa njengawo onke amaSirayeli. Ngoko ke masiwathume ukuba aye kuqonda ukuba kuhle ntoni na.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Ngoko ke bakhetha iinqwelo ezimbini namahashe azo, waza ukumkani
wazithumela ekhondweni lomkhosi wama-Aram, esithi: “Hambani niye
kuqonda ukuba kuhle ntoni na.”

15Awalandela ke ada aya kufika eJordan. Yonke ke loo ndlela ayifumana
ineempahla nezixhobo zama-Aram, zifane zathi saa, oko bezishiywe ngama-
Aram xa abalekayo. Zajika ke ezo zigidimi, zaya kuxelela ukumkani.

16Baphuma ke abantu, bafika bazenzela kuloo kampu yama-Aram.
Ngokomlomo kaNdikhoyo ke iikhilogram ezintathu zomgubo wengqolowa
ngokunjalo nesithandathu seekhilogram zerhasi zathengiswa ngesiliva enye
kuphela.

17Ke ukumkani wamisa elaa phakathi wayethembele ngalo, lajongana
nesango. Kambe ke abantu balixovula ngenyawo apho esangweni, laza lafa
ngokomlomo womfo wakwaThixo, xa wayethetha nokumkani ngokuya
wayeze endlwini yakhe.

18Kwenzeke kanye ngokokuthetha komfo wakwaThixo xa wayethetha
nokumkani esithi: “Malunga neli xesha ngomso esangweni leSamariya
iikhilogram ezintathu zomgubo wengqolowa noba ziikhilogram ezintandathu
zerhasi zothengiswa ngesiliva enye kuphela.”

19Iphakathi elo ke lalithe apho kuloo mfo wakwaThixo: “Noba uNdikhoyo
ebengade enze iifestile ezulwini ibingenakuze yenzeke into enjalo.” Umfo
wakwaThixo yena wayethe: “Le nto ndiyithethayo ke uya kuyibona ngala
wakho amehlo, kambe ke kona ukutya soze ukufake kuloo mlomo wakho.”

20Loo nto ke yile kanye yalihlelayo elo phakathi; kaloku abantu balinyhasha
ngeenyawo esangweni apho lada lafa.

2 Yookumkani 8

Ukubuya komfazi waseShunem

1Ke kaloku uElisha wayethethe nalaa mfazi wayephilise unyana
wakhe, wathi: “Khawuhambe uye kuzifunela indawo yokuhlala noba kuphi

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

na apho ungayizuza khona, ze ukhe uthi chu khona okwexeshana, kuba uNdikhoyo umisele imbalela eya kuthatha iminyaka esixhenxe kulo mhlaba.”

2Umfazi lowo ke wenza njengoko wayeyalelwe ngumfo wakwaThixo. Wemka nosapho lwakhe, waya kuhlala kwelamaFilistiya loo minyaka isixhenxe.

3Emva kwaloo minyaka isixhenxe wabuya ke kwelamaFilistiya, waza waya kucela indlu nentsimi yakhe kukumkani kwelo lakowabo.

4Ke ukumkani wathetha noGehazi ihlakani lomfo wakwaThixo, wathi: “Khawundixelele ngayo yonke imisebenzi emikhulu eyênziwa nguElisha.”

5Uthe ke uGehazi esachubela ukumkani indlela uElisha awayebaphilisa ngayo nabafileyo, suka umfazi lowo waphiliselwa unyana wakhe nguElisha, wangena, eze kucela indlu nentsimi yakhe kukumkani kwelo lakowabo. UGehazi ke wathi: “Tyhini, nanku loo mfazi, mhlekazi kumkani! Naloo nyana wakhe wavuswa efile nguElisha, nguye lo.”

6Ukumkani ke walanda loo ngcombolo apho kuye, waza ke wamchazela. Ngoko ke ukumkani wamnikezela kwesinye isicaka, wathi kuso: “Nika lo mfazi yonke into eyeyakhe, ndawonye nengeniso yomhlaba wakhe ukusukela kumhla walishiya eli lizwe kude kube namhlanje.”

UHazayeli ubulala uBhenadadi

7UElisha ke waya eDamasko, wafika uBhenadadi ukumkani wakwa-Aram egula. Uthe ke ukumkani lowo akuva kusithiwa: “Umfo wakwaThixo nanko efika apho,”

8wathetha noHazayeli wathi: “Thatha isipho, uhambe uhlangabeze lo mfo wakwaThixo, uze ubuzise ngaye kuNdikhoyo ukuba ngaba ndiza kuphila na.”

9UHazayeli ke wahamba, waya kuhlangabeza uElisha, emphathele zonke iindidi zemveliso yaseDamasko, zingumthwalo okwiinkamela ezimashumi mane. Waya kuma phambi kwakhe, wathi: “Unyana wakho uBhenadadi ukumkani wakwa-Aram undithume ukuba ndize kubuza ukuba ngaba wophila na kwisifo esimbambileyo!”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

10UElisha uphendule wathi: “Yiya kumxelela ukuba nakanjani na uza kuphila.
Ewe kambe, uNdikhoyo undityhilele ukuba uza kufa.”

11Wathi ntsho ngamehlo, wada ke uHazayeli waziva eneentloni. Umfo
wakwaThixo ke wathi chapha-chapha iinyembezi.

12“Ngani ukuba ulile, nkosi yam?” ubuzile uHazayeli. “Ndililiswa kukuqonda
umonakalo oya kuwenza kumaSirayeli,” uphendule watsho uElisha. “Ewe,
wena uya kuzitshisa iinqaba zawo, abafana ubangenele ngekrele, uze
abantwana ubaqhumze emhlabeni, ke bona abafazi abakhulelweyo
ubagrabhuze.”

13UHazayeli uphendule wathi: “Kuxa ndingubani, ndiyinja nje, ukuba ndide
ndenze into enjalo?” UElisha waphendula wathi: “UNdikhoyo undityhilele
ukuba wena uza kuba ngukumkani wakwa-Aram.”

14UHazayeli wamshiya uElisha, wagoduka waya enkosini yakhe. Akubuza ke
uBhenadadi ukuba uthini na uElisha, uHazayeli wathi: “Uthi uza kuphila.”

15Kambe ke ngemini elandelayo uHazayeli wathatha ilaphu, walifaka
emanzini, waza wafuthanisela ukumkani lowo wada wafa. Akuba efile ke,
uHazayeli waba ngukumkani endaweni yakhe.

UYehoram ukumkani wakwaJuda
(2 Gan 21:1-20)

16Ke kaloku ngonyaka wesihlanu uYoram unyana ka-Ahabhi engukumkani
wakwaSirayeli, uYehoram unyana kaYoshafati ukumkani wakwaSirayeli
waqalisa ukulawula kwaJuda.

17Wayeneminyaka emashumi mathathu anambini ukuqala kwakhe
ukulawula, waza ke walawula eJerusalem iminyaka yasibhozo.

18Wahamba ekhondweni lookumkani bakwaSirayeli, wenza njengendlu ka-
Ahabhi. Kaloku wayethathe intombi yakhe. Wênza okubi emehlweni
kaNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Kambe ke, ngenxa yesicaka sakhe uDavide, uNdikhoyo akamtshabalalisanga
uJuda. Kaloku wayemthembise ngelithi womnika isibane ngoonyana bakhe
yonke imihla.

20Ke ngexesha likaYehoram iEdom yamvukela uJuda, yazimisela owayo
ukumkani.

21Ngoko ke uYehoram waya eZayira nazo zonke iinqwelo zakhe. Ke
amaEdom amrhawula kunye nezo njengele zeenqwelo, kambe ke yena
wavuka ngobusuku, waphuncuka. Ke wona umkhosi wakhe wabaleka
wagoduka.

22Unanamhlanje ke iEdom isavukelene noJuda. NeLibhena ke yenza uvukelo
kwangelo xesha.

23Ezinye zeziganeko zolawulo lukaYehoram, nayo yonke imisebenzi yakhe,
nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaJuda.

24UYehoram ke waya kuphumla kooyise, waza wangcwatywa phakathi kwabo
kwisixeko sikaDavide. UAhaziya unyana wakhe wangena esikhundleni sakhe
wangukumkani.

UAhaziya ukumkani wakwaJuda
(2 Gan 22:1-6)

25Ngonyaka weshumi elinambini elawula uYoram unyana ka-Ahabhi
ukumkani wakwaSirayeli, uAhaziya unyana kaYehoram ukumkani
wakwaJuda waqalisa ukulawula kwaJuda.

26Waqalisa ukulawula xa aneminyaka emashumi mabini anambini, waza
walawula eJerusalem unyaka wamnye. Unina yayinguAtaliya umzukulwana
kaOmri ukumkani wakwaSirayeli.

27Wahamba ekhondweni lendlu ka-Ahabhi, wenza okubi emehlweni
kaNdikhoyo. Kaloku wayengumkhwenyana kwindlu ka-Ahabhi.

28UAhaziya wadibana noYoram unyana ka-Ahabhi, baza balwa noHazayeli
ukumkani wakwa-Aram eRamoti yaseGiliyadi. Ama-Aram lawo ke
amngxwelerha uYoram,

© 1996 Bible Society of South Africa.

29waza ke yena waya eYizereli, ukuze ade achache kuloo manxeba
wayewafumene kuma-Aram eRama kwelo dabi labo noHazayeli ukumkani
wakwa-Aram. Ke uAhaziya unyana kakumkani uYehoram wakwaJuda wehla
waya eYizereli, esiya kubona uYoram unyana ka-Ahabhi njengoko
wayenzakele.

2 Yookumkani 9

Ukuthanjiswa kukaYehu

1 Umshumayeli uElisha wabiza omnye weqela labashumayeli, wathi kuye:
"Finyeza iingubo zakho, uthathe eli qhaga linamafutha omnquma, uye
eRamoti yaseGiliyadi.

2Wakufika khona uze ukhangele uYehu unyana kaYoshafati unyana
kaNimshi. Uze umthathe umke naye koogxa bakhe, ningene kwelona gumbi
likude ngaphakathi.

3Nakuba nilapho ke uze uthathe eli qhaga lamafutha omnquma, umthambise
umgalele ngawo entloko, uthi: 'Utsho uNdikhoyo ukuthi: Ndiyakuthambisa
ukuze ube ngukumkani wakwaSirayeli.' Wakugqiba ke, vula umnyango,
ubaleke umke ngokukhawuleza."

4Ngoko ke loo mfana ungumshumayeli waya eRamoti yaseGiliyadi.

5Efikile ke khona wafumana iingqwayi-ngqwayi zomkhosi zihleli ndawonye.
Wathi: "Ndinomyalezo wakho, njengele!" UYehu wabuza wathi: "Uxela bani
kanye?" Ke yena waphendula wathi: "Nditsho wena, njengele."

6UYehu waphakama, wangena endlwini. Ke yena umshumayeli lowo
wathatha iqhaga elo, wagalela uYehu ngamafutha entloko, wathi: "Utsho
uNdikhoyo uThixo kaSirayeli ukuthi: 'Ndiyakuthambisa ukuba ube
ngukumkani wosapho lukaNdikhoyo, uSirayeli.

7Uyabona ke, uze uyitshabalalise indlu ka-Ahabhi, inkosi yakho; mna ke
ndiya kuliphindezela igazi lezicaka zam abashumayeli, ndawonye nalo lonke
igazi lezicaka zikaNdikhoyo elaphalazwa nguJezebhele.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Xa iyonke indlu ka-Ahabhi iya kutshabalala. Ndiza kuyinqamla kwa-Ahabhi
yonke into eliduna, nditsho ophezulu nophantsi kwaSirayeli.

9Indlu ka-Ahabhi ndoyifanisa nendlu kaJerobhowam unyana kaNebhati, ibe
njengendlu kaBhayesha unyana ka-Ahiya.

10Ke yena uJezebhele uya kudliwa zizinja kweso siqithi somhlaba
siseYizereli, kungabikho namntu uya kumngcwaba.' " Waza ke wavula
umnyango, waphuma wabaleka.

11Akuba ke uYehu ebuyele kwiingqwayi-ngqwayi zenkosi yakhe, enye yazo
yabuza yathi: "Ngaba zime kakuhle na zonke izinto? Belifuna ntoni eli geza
apha kuwe?" UYehu waphendula ngelithi: "Hayi, niyamazi lo mfo nezinto
adla ngokuzithetha!"

12Oogxa bakhe baphendula bathi: "Uyasiqhatha. Khawusixelele inyaniso;
ubesithini?" UYehu wathi: "Hayi ke, nantsi into ayithethileyo: 'Utsho
uNdikhoyo ukuthi: Ndiyakuthambisa ukuze ube ngukumkani wakwaSirayeli.'
"

13Bakhawuleza ke bathatha iingubo zabo, bazandlala phantsi kwakhe apho
esitupini. Baza bakhalisa isigodlo, bakhwaza bathi: "UYehu ngukumkani!"

UYehu ubulala uYoram

14Ke uYehu unyana kaYoshafati unyana kaNimshi wenzela uYoram iyelenqe.
UYoram naye wonke uSirayeli babehlanganisela iRamoti yaseGiliyadi
eyayihlaselwa nguHazayeli ukumkani wama-Aram,

15kodwa ke uYoram wabuyela eYizereli, ukuze ade achache kuloo manxeba
wayewafumene kuma-Aram kwelo dabi labo noHazayeli ukumkani wakwa-
Aram. UYehu wathi: "Ukuba siyavana sukuvumela mntu aphume apha
esixekweni aye kuxela iindaba eYizereli."

16Wangena enqwelweni yakhe ke, waya eYizereli, kuba uYoram wayelele
khona. Ke naye uAhaziya ukumkani wakwaJuda wayeye kumbona.

© 1996 Bible Society of South Africa.

17Ke umlindi owayemi emboniselweni eYizereli, akubona uYehu esiza
nomkhosi, wakhwaza wathi: “Nanko umkhosi usiza!” UYoram wathi:
“Thumela umntu ngehashe aye kuwuhlangabeza, abuze athi: ‘Niza ngoxolo
na?’ ”

18Waphuma loo mfo ngehashe, waya kuhlangabeza uYehu, wabuza wathi:
“Ukumkani uthi mandibuze ukuba ngaba niza ngoxolo na.” UYehu
waphendula wathi: “Uza kwenza ntoni ngoxolo? Tshona ngasemva kwam!”
Umlindi waxela wathi: “Isigidimi sihambe saya kufika, kodwa ke asibuyi.”

19Ke ukumkani wathumela esinye isigidimi kwangehashe. Sithe ke sakufika
kubo sathi: “Ukumkani uthi mandibuze ukuba ngaba niza ngoxolo na.”
UYehu waphendula wathi: “Uza kwenza ntoni ngoxolo? Tshona ngasemva
kwam!”

20Umlindi ubuye waxela wathi: “Isigidimi sihambe saya kufika, kodwa
asibuyi. Ke ukuqhuba ngathi kukuqhuba kukaYehu unyana kaNimshi,
ngokuba uqhuba oku kwephambana.”

21UYoram wathi: “Bopha inqwelo yam.” Ibotshiwe ke inqwelo yakhe
yokulwa, baza ukumkani wakwaSirayeli uYoram nokumkani wakwaJuda
uAhaziya bakhwela ezinqwelweni zabo, bahlangabeza uYehu. Bahlangana
naye kuloo ntsimi yayiyekaNabhoti umYizereli.

22UYoram, akumbona uYehu, wabuza wathi: “Yehu, ngaba uza ngoxolo na?”
UYehu waphendula wathi: “Lungavela phi uxolo xa unyoko uJezebhele
esaqhuba inkonzo yezithixo nobu bugqwirha bakhe?”

23Ke uYoram wajika wabaleka ekhwaza uAhaziya esithi: “Liyelenqe,
Ahaziya!”

24UYehu warhola utolo lwakhe, wajolisa kuYoram, wamchana phakathi
kwamagxa, utolo olo ke lwaya kuthi xhokro entliziyweni, watsho wawa apho
enqwelweni.

© 1996 Bible Society of South Africa.

25UYehu wathetha noBhidekare umqhubi wenqwelo yakhe, wathi: “Mchole umphose kulaa ntsimi yayiyekaNabhoti umYizereli. Khumbula ngokuya mna nawe sasisenqwelweni emva koyise uAhabhi, ngokuya uNdikhoyo wathethayo wathi:

26‘Izolo ndilibonile igazi likaNabhoti ndawonye negazi loonyana bakhe, utsho uNdikhoyo, ndaye ke ndiza kukwenza ulihlawule kuyo yona le ntsimi, lowo ngumlomo kaNdikhoyo.’ Ngoko ke mchole umphose kuloo ntsimi ngokokutsho kukaNdikhoyo.”

Ukufa kuka-Ahaziya

27Akuyibona loo nto yenzekileyo uAhaziya ukumkani wakwaJuda, wenyuka ngendlela eya eBhete-hagan. UYehu wamsukelisa, ekhwaza esithi: “Bulala!” Baza ke bamngxwelerha apho enqwelweni yakhe endleleni eya eGure ngaseIbheyam. Kambe ke waphuncula, waya kufela eMegido.

28Amaphakathi akhe amthatha ngenqwelo, amsa eJerusalem, aza amngcwaba phakathi kooyise kwingcwaba elikwisixeko sikaDavide.

29UAhaziya lo waqala ukuba ngukumkani wakwaJuda kunyaka weshumi elinanye elawula uYoram unyana ka-Ahabhi.

Ukufa kukaJezebhele

30UYehu waya eYizereli. Akuyiva loo nto ke uJezebhele wahombisa amehlo akhe, walungisa neenwele zakhe, waza wakroba ngefestile.

31Xa angena esangweni uYehu, uJezebhele wabuza wathi: “Zimri, ngaba uza ngoxolo kodwa, ntondini egebenge inkosi yayo?”

32Wajonga efestileni ephakamileyo leyo uYehu, wathi: “Ngubani ongakum? Ngubani?” Izicaka ezibini okanye ezithathu zajonga kuye ezantsi,

33uYehu wathi: “Mphoseni apha!” Zaza ke zamphosa uJezebhele, igazi lakhe lachaphazela olo donga ndawonye naloo mahashe, waza wamnyathelisa ngawo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

34Ke uYehu wangena endlwini, wafika watya wasela, waza wathi:
“Nosenimjonga laa mfazi uqalekisiweyo, nize nimngcwabe, kuba kaloku
yintombi yokumkani.”

35Bathe ke xa baya kumngcwaba, bafumana kuphela ukhakhayi lwakhe,
neenyawo nezandla.

36Babuyela kuYehu bamxelela, waza wathi: “Oku kukuzaliseka kwelizwi
elathethwa nguNdikhoyo ngesicaka sakhe uEliya waseTishbhi esithi:
‘UJezebhele uya kudliwa zizinja entsimini yaseYizereli.

37Umzimba kaJezebhele uya kuba yinkunkuma entsimini eseYizereli, kungabi
sathiwa: Lo nguJezebhele.’ ”

2 Yookumkani 10

Ukubulawa kwendlu ka-Ahabhi

1Ke kaloku eSamariya kwakukho amashumi asixhenxe oonyana bendlu ka-
Ahabhi. Ke uYehu wabhala iileta, wazithumela eSamariya kumaphakathi
aseYizereli, nakumadoda amakhulu, nakubagcini babantwana baka-Ahabhi.
Zazisithi:

2“Ngoku ke, xa ifikileyo kuni le ncwadi, bekuni nje oonyana benkosi yenu,
zikuni nje iinqwelo zokulwa, namahashe, nesixeko esinqatyisiweyo,
nezixhobo,

3khethani oyena ufanelekileyo nongenakukhalazelwa koonyana benkosi yenu,
nimbeke esihlalweni sikayise, nize niyilwele indlu yenkosi yenu ke.”

4Kambe ke basuka bangcangcazela kukoyika, besithi: “Xa oyise ookumkani
ababini, sobeka phi ke thina?”

5Ngoko ke umlawuli wakomkhulu, nonolali wesixeko, amadoda amakhulu
nabagcini, bathumela lo myalezo kuYehu: “Sizizicaka zakho; sizimisele
ukwenza ukuthanda kwakho; asizimiselanga kumisa mntu abe ngukumkani.
Nawe ke ungenza ngendlela obona ngayo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6Wababhalela eyesibini incwadi uYehu, esithi: “Kaloku xa ningakum,
nizimisele ukundithobela, banqumleni iintloko oonyana benkosi yenu, nize
nazo, sibonane eYizereli ngomso ngeli xesha.” Amatshawe lawo ke
ayengamashumi asixhenxe ekumadoda aziinkokheli zesixeko
awayewakhulisa.

7Ithe ke yakufika loo leta amadoda lawo awathatha onke loo matshawe
angamashumi asixhenxe awabulala. Iintloko zawo azifaka ezibhaskitini,
azithumela kuYehu eYizereli.

8Isigidimi eso ke safika samxelela uYehu sathi: “Nazi, bazizisile iintloko
zamatshawe.” UYehu wayalela wathi: “Zibekeni zibe ziinqumba ezimbini
phaya esangweni lesixeko kude kube ngomso kusasa.”

9Ngentsasa elandelayo ke uYehu waphuma, wema phambi kwabo bonke
abantu, wathi: “Aninatyala; ndim lo oyenzele iyelenqe inkosi yenu,
ndayibulala; kambe ke, ngubani lo ubulele aba?

10Yazini ke kodwa ukuba akukho nalinye ilizwi elathethwa nguNdikhoyo
ngendlu ka-Ahabhi eliya kulambatha. UNdikhoyo ukwenzile konke
awakuthethayo ngesicaka sakhe uEliya.”

11Ke uYehu wabulala wonke umntu apho eYizereli owayesasele engowendlu
ka-Ahabhi, kananjalo nezibonda zakhe, izihlobo nababingeleli bakhe,
akashiya nempunde le.

12UYehu ke waphuma waya ngaseSamariya. EBhete-ekede yabelusi

13wadibana nezizalwana zikakumkani uAhaziya wakwaJuda, wabuza wathi:
“Ningoobani?” Zaphendula zathi: “Sizizizalwana zika-Ahaziya. Size kubona
indlu kakumkani kunye nonina wekumkanikazi.”

14Waza wathi: “Babambeni besaphila!” Bababamba ke, bababulala
ngakwiqula laseBhete-ekedi. Yayingamashumi amane amadoda;
akasindisanga nalo mnye umntu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

15Akudlula apho wadibana noYonadabhi unyana kaRekabhi owayehlangabeza yena. UYehu wambulisa wathi: “Ngaba nawe ungakum kwanjengokuba nam ndingakuwe?” UYonadabhi waphendula wathi: “Ewe, kunjalo.” UYehu wathi: “Xa kunjalo, ethe isandla.” Wenjenjalo ke, waza ke uYehu wamkhwelisa apho enqwelweni yakhe.

16UYehu wathi: “Yiza uze kubona ukumzondelela kwam uNdikhoyo.” Baza ke bahamba kunye ngenqwelo leyo.

17Akufika eSamariya uYehu wabulala bonke ababesele bendlu ka-Ahabhi, wabatshabalalisa mpela ngokwelizwi elathethwa nguNdikhoyo kuEliya.

Ukufa kwabanquli bakaBhali

18UYehu wabaqokelela bonke abantu, wathi kubo: “UAhabhi wayemnqula kancinci uBhali, kodwa ke mna ndiza kumnqula kakhulu.

19Babizeni bonke abashumayeli bakaBhali, abanquli bakhe, ndawonye nababingeleli bakhe. Makungasali namnye, kuba ndiza kumenzela idini elikhulu uBhali. Umntu othe akeza akayi kudla bomi.” Kambe ke uYehu wayesenza iqhinga lokutshabalalisa bonke abanquli bakaBhali.

20UYehu wathi: “Abantu babizeleni kwindawo eyodwa yokunqula uBhali.” Ngenene ke babamema abantu.

21Waza ke wathumela umyalezo kuSirayeli ephela, nakubo bonke abanqula uBhali, ukuze bangaphoswa. Ewe, beza xa bebonke. Baqokelelana ke apho esibingelelweni sikaBhali, satsho sazala sema ngeembambo.

22UYehu wathi kumgcini wegumbi lezambatho: “Bonke abanquli bakaBhali banike izambatho.” Weza nazo ke ezo zambatho.

23Ke uYehu kunye noYonadabhi, unyana kaRekabhi, bangena apho esibingelelweni sikaBhali. UYehu wathetha nabanquli bakaBhali wathi: “Khangelani kungathi kanti apha kukho nezicaka zikaNdikhoyo; kuphela mayibe ngabo banqula uBhali.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

24Bangena ke, benza iminikelo namadini atshiswayo. Ngoku ke uYehu wayemise amadoda angamashumi asibhozo ngaphandle, wathi: “Umntu okhe wabayeka baphuncula aba bantu ndininika bona, uya kubuyekeza ngobomi bakhe.”

25Akugqiba ukwenza amadini atshiswayo uYehu wayalela abalindi namagosa, wathi: “Ngenani nibulale konke, kungasali nomnye.” Ngoko ke babanqumla bonke ngekrele. Abalindi namagosa lawo ayiphosa ngaphandle imizimba, wona angena kumagumbi angaphakathi eso sibingelelo sikaBhali.

26Bazikhupha apho esibingelelweni sikaBhali iintsika ezingcwele, baza bazitshisa.

27Balitshabalalisa ilitye likaBhali, basiqhaqha isibingelelo sakhe, satsho sayindawo ekuyiwa kuyo ngasese unanamhla.

28Ngoko ke uYehu walubhangisa unqulo lukaBhali kwaSirayeli.

29Kambe ke zange aziyeke izono zikaJerobhowam unyana kaNebhati, ezo wawalukuhlela kuzo amaSirayeli: inkonzo yethole legolide eBhetele nakwaDan.

30UNdikhoyo wathi kuYehu: “Ngenxa yokuba wenze kakuhle kangaka, wandikholisa ngokwenza loo nto ndandizimisele kuyo mayela nendlu ka-Ahabhi, ngoko ke iya kude ibe sisizukulwana sakho sesine indlu yakho ilawula kwaSirayeli.”

31Phofu ke yena uYehu lo zange akunonophele ukuwuthobela umthetho kaNdikhoyo uThixo kaSirayeli ngomxhelo wakhe wonke. Zange azichase izono zikaJerobhowam, ezo wawalukuhlela kuzo amaSirayeli.

32Ngaloo mihla ke uNdikhoyo wawaphungula amaSirayeli. UHazayeli wawongamela amaSirayeli kuwo wonke ummandla wawo,

33kwimpuma yeJordan, nakuwo wonke umhlaba waseGiliyadi (ingingqi kaGadi, noRubhen, noManase), ukusuka eArohere kwingxingwa yeArnon, ukunqumla iGiliyadi, kuye eBhashan.

© 1996 Bible Society of South Africa.

34Ezinye zeziganeko zolawulo lukaYehu, nayo yonke imisebenzi
nemizabalazo yakhe, nâzo encwadini yeembali zookumkai bakwaSirayeli.

35UYehu waya kuphumla kooyise, waza wangcwatyelwa eSamariya.
UYowahazi unyana wakhe wangena esikhundleni sakhe.

36Ithuba lolawulo lukaYehu kwaSirayeli eSamariya yaba ngamashumi
amabini anesibhozo eminyaka.

2 Yookumkani 11

UAtaliya noYowashe
(2 Gan 22:10 – 23:21)

1UAtaliya unina ka-Ahaziya wathi akubona ukuba unyana wakhe ufile,
wasuka wayitshabalalisa yonke indlu yakomkhulu.

2Ke yena uYoshebha, intombi kakumkani uYehoram, engudade boAhaziya
wasuka weba uYowashe unyana ka-Ahaziya, wemka naye apho phakathi
kweenkosana ezaziza kubulawa, wamfihla neneni yakhe kwigumbi lokulala,
emzimelisa kuAtaliya. Ngaloo ndlela ke wasinda ekufeni.

3Wahlala ezinyeliswe naloo neni ke apho endlwini kaNdikhoyo kwada
kwayiminyaka emithandathu, xesha elo wayesalawula uAtaliya.

4Ngonyaka wesixhenxe umbingeleli uJoyada wabiza iingqawyi-ngqwayi
ezikhokela abalindi basebhotwe nababekomkhulu jikelele, waza wathi
maziye endlwini kaThixo, zenze isifungo, zinqophisane ukumxhasa kwinto
awayeyicebisa. Wazibonisa uYowashe unyana kakumkani uAhaziya.

5Waziyala wathi: “Nina maqela mathathu asebenzayo ngoMhla woPhumlo,
iqela lokuqala loba sebhotwe,

6elesibini libe kwisango iShure, lize elesithathu libe sesangweni elisemva
kwabalindi abo babolekisana ngokulinda indlu kaThixo.

7Ke nina bakumaqela amabini angadli ngokusebenza ngoMhla woPhumlo,
niya kugada ukumkani endlwini kaThixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Ze nime ningqonge ukumkani, indoda nganye ixhobile. Nabani na othe
cakatha makabulawe. Hlalani nikufuphi nokumkani naphi na apho aya
khona.”

9Iingqwayi-ngqwayi zamabutho lawo ke zenza njengoko zaziyalelwe
ngumbingeleli uJoyada. Nganye kuzo yemka neqela layo, abo babesebenza
ngoMhla woPhumlo nabo babephumile emsebenzini, bonke baya
kumbingeleli uJoyada.

10Ke iingqwayi-ngqwayi zamaqela wazinika imikhonto namakhaka lawo
awayengawokumkani uDavide egcinwe endlwini kaNdikhoyo.

11Ngenene ke abalindi bonke bamphahla ukumkani bexhobile, bemi
ngaseqongeni lendlu kaThixo, ukusukela kwicala elingasezantsi ukuya
kwelingasentla apho endlwini kaThixo.

12UJoyada waphuma naye unyana kakumkani, waza wamthwesa isithsaba,
wamnika umnqophiso obhaliweyo, ebhengeza ukuba ungukumkani.
Bamthambisa, baza ke abantu baduma badanduluka bathi: “Phil' ud'
ukhokhobe, kumkani!”

13Akuva loo ntswahla yayisenziwa ngabalindi ndawonye nabantu, uAtaliya
waya ebantwini endlwini kaNdikhoyo.

14Akukhangela wabona tyhini nanko ukumkani emi ngasentsikeni
ngokusesikweni. Amaphakathi nabakhalisi-maxilongo babephahle ukumkani,
baye bonke abemi belizwe benemihlali bekhalisa amaxilongo. Ke uAtaliya
wasuka wazikrazula izambatho zakhe, wadanduluka wathi: “Uvukelo!
Uvukelo!”

15Umbingeleli uJoyada wayalela iingqwayi-ngqwayi zamabutho omkhosi,
wathi: “Mthatheni nimkhuphe phakathi kwamabutho; nabani na omlandelayo
nimbulale ngekrele.” Kaloku umbingeleli wayesithi: “Makangabulawelwa
endlwini kaNdikhoyo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Ngoko ke bambamba xa efika kwiSango lamaHashe eyadini yakomkhulu,
bambulalela apho.

17Ke kaloku uJoyada wenza umnqophiso phakathi kukaNdikhoyo nokumkani
ndawonye nabantu wokuba baya kuba ngabantu bakaNdikhoyo, waba
lingqina nakumnqophiso ophakathi kwabantu nokumkani.

18Bonke abantu belizwe elo ke baya endlwini yokunqula uBhali, bafika
bayidiliza. Amaqonga ndawonye nemifanekiso bayintlekeza yaziingceba,
baza bambulala umbingeleli kaBhali uMatan apho phambi kwamaqonga.
Umbingeleli uJoyada wamisa abalindi apho endlwini kaNdikhoyo.

19UJoyada wahamba neengqwayi-ngqwayi zabalindi basebhotwe nabo
bakomkhulu, bamxhaka ukumkani ukusuka endlwini kaThixo ukuya
komkhulu, belandelwa ngabantu bonke. Bangena ngesango labalindi, waza
ukumkani wachopha esihlalweni.

20Xa bebonke ke abantu babenemihlali bevuya, nesixeko ngokwaso sizolile
ngoku abuleweyo ngekrele uAtaliya apho komkhulu.

21UYowashe waba ngukumkani xa eneminyaka esixhenxe ezelwe.

2 Yookumkani 12

Ukuhlaziywa kwendlu kaThixo
(2 Gan 24:1-16)

1Ke kaloku ngonyaka wesixhenxe kaYehu uYowashe waba ngukumkani, waza
walawula eJerusalem iminyaka emashumi mane. Unina yayinguZibheya
intombi yaseBheshebha.

2Ngalo lonke ixesha eboniswa ngumbingeleli uJoyada uYowashe wenza
okuhle emehlweni kaNdikhoyo.

3Kambe ke zona iindawo eziphakamileyo zonqulo zange zitshatyalaliswe,
abantu baqhuba benqula kuzo, besenza amadini, betshisa iziqhumiso.

4UYowashe wathetha nababingeleli, wathi: “Qokelelani yonke imali
eyiminikelo eziswa endlwini kaNdikhoyo; imali eqokelelwe ngobalo,imali

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

yezifungo zabantu, ndawonye nemali eziswa endlwini kaThixo ngabo bazivayo.

5Umbingeleli ngamnye makathathe imali komnye woonondyebo, ize isetyenziswe ekulungiseni nawuphi na umonakalo ofumaneka endlwini kaThixo.”

6Kodwa ke yada yaba ngunyaka wamashumi amabini anantathu kakumkani uYowashe ababingeleli bengekayihlaziyi indlu kaThixo.

7Ngoko ke ukumkani uYowashe wabiza umbingeleli uJoyada nabanye ababingeleli, wababuza wathi: “Ngani ukuba nibe anikawulungisi umonakalo osendlwini kaThixo? Niyabona ke, sanukuba sathatha mali koonondyebo, koko yonke imali yinikezeleni ukuze kuhlaziywe ngayo indlu kaThixo.”

8Bavuma ke ngoko ababingeleli ukuba abayi kuba saqokelela mali yimbi ebantwini, futhi bengayi kuyihlaziya ngokwabo indlu kaThixo.

9Umbingeleli uJoyada wathatha ityesana, wayigqobhoza isivalo, waza wayibeka kwicala lasekunene endlwini kaNdikhoyo kufutshane neqonga, ababingeleli ababegada isango bayigalela kuyo yonke imali eyayisiza nabantu endlwini kaNdikhoyo.

10Yayisithi yakuba sisixa imali leyo apho kuloo tyesana, unobhala wasebhotwe kunye nombingeleli omkhulu beze bayibale imali ezisiweyo endlwini kaNdikhoyo, baze bayifake ezingxoweni.

11Ithe ke imali yakuba sisixa esithile, bayithatha bayinikela kwabo babemiselwe ukongamela umsebenzi wendlu kaThixo. Ngayo ke bahlawula abo babesebenza endlwini kaNdikhoyo, abachweli, nabakhi,

12nabavusi beendonga, nabakroli bamatye. Bathenga imithi namatye ahonjisiweyo okulungisa indlu kaNdikhoyo, bahlawula zonke iindleko zokuhlaziya indlu kaThixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Le mali yayiziswe endlwini kaThixo ke ayichithwanga ekwenzeni izitya zesiliva, izikhwezeli, izitya zokutshiza, amaxilongo, nayo nayiphi na into yendlu kaNdikhoyo eyenziwe ngegolide okanye isiliva,

14koko ngayo kwahlawula abasebenzi, baza bahlaziya indlu kaThixo ngayo.

15Zange bafune nkcukacha kwabo babebanikela ukuba bahlawule abasebenzi, kuba babesebenza ngokunyaniseka.

16Ke yona imali yeminikelo yobutyala neyamadini esono yayingeziswa endlwini kaNdikhoyo, kuba yayiyeyababingeleli.

17Ngeli thuba ke ukumkani wakwa-Aram uHazayeli wahlasela iGati wayithimba. Wabuya ke wahlasela neJerusalem.

18Kambe ke ukumkani uYowashe wakwaJuda wazithatha zonke izinto ezingcwele ezazinikelwe ngooyise – uYoshafati noYehoram noAhaziya, ookumkani bakwaJuda – kunye nezipho ezazinikelwe nguye ngokwakhe, nayo yonke igolide eyafumaneka koovimba bendlu kaNdikhoyo, naleyo yasebhotwe, waza wazithumela kukumkani uHazayeli wakwa-Aram, owathi ke akuzifumana warhoxa eJerusalem.

19Ezinye ke iziganeko zolawulo lukaYowashe, nayo yonke imisebenzi yakhe, nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaJuda.

20Amaphakathi akhe amenzela iyelenqe, ambulala eBhete-milo kwindlela eya eSila.

21Loo maphakathi ambulalayo yayinguYozakare unyana kaShimeyati noYozabhele unyana kaShomere. Wasweleka ke, waza ke wangcwatywa phakathi kooyise kwisixeko sikaDavide. Esikhundleni sakhe kwangena unyana wakhe uAmaziya.

2 Yookumkani 13

UYowahazi ukumkani wakwaSirayeli

1Ngonyaka wamashumi amabini anantathu engukumkani uYowashe unyana ka-Ahaziya ukumkani wakwaJuda, uYowahazi unyana kaYehu waba

© 1996 Bible Society of South Africa.

ngukumkani kwaSirayeli eSamariya. Walawula iminyaka elishumi elinesixhenxe.

2Wênza okubi emehlweni kaNdikhoyo, wasuka wahamba ekhondweni lezono zikaJerobhowam unyana kaNebhati, ezo walukuhlela uSirayeli kuzo; ewe, yena wathi nca kuzo.

3Ngoko ke umsindo kaNdikhoyo wavutha ngakuSirayeli. Kwaba lixesha elide emyekele phantsi kwesandla sikaHazayeli, ukumkani wakwa-Aram, ndawonye nonyana wakhe uBhenadadi.

4Ke uYowahazi wakhala kuNdikhoyo, waza ke yena wamphulaphula, kuba wayekubona ukuphatheka kabuhlungu kukaSirayeli phantsi kwesandla sokumkani wakwa-Aram.

5UNdikhoyo wamnika umhlanguli uSirayeli, waza ke waphuncula kweso sandla sama-Aram. USirayeli ke wabuya wadla ngendeb' endala njengangaphambili.

6Kodwa ke akahlukananga nezono zendlu kaJerobhowam, ezo walukuhlela amaSirayeli kuzo; ewe, waqhubela phambili ukuzenza. Nentsika ka-Ashera yasala isamile apho eSamariya.

7Ke wona umkhosi kaYowahazi wavuthuluka waphela kwasala amadoda amahashe angamashumi amahlanu, ishumi leenqwelo, neshumi lamawaka lamajoni eenyawo. Kaloku ukumkani wakwa-Aram watshabalalisa konke, washiya kuxusheke ngathi luthuli lexa lokubhula.

8Ke zona ezinye zeziganeko zolawulo lukaYowahazi, imisebenzi nemizabalazo yakhe, nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaSirayeli.

9UYowahazi waya kuphumla kooyise, waza wangcwatywa eSamariya. Esikhundleni sakhe ke kwangena unyana wakhe uYehowashe.

UYehowashe ukumkani wakwaSirayeli

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Ngonyaka wamashumi amathathu anesixhenxe kakumkani uYowashe
wakwaJuda, uYehowashe unyana kaYowahazi waba ngukumkani
wakwaSirayeli eSamariya. Walawula iminyaka elishumi elinesithandathu.

11Wênza okubi emehlweni kaNdikhoyo, kuba akahlukananga nezono
zikaJerobhowam unyana kaNebhati, ezo walukuhlela amaSirayeli kuzo; naye
waziqhubela phambili.

12Ke ezinye iziganeko zolawulo lukaYehowashe, imisebenzi nemizabalazo
yakhe, ndawonye nemfazwe yakhe noAmaziya ukumkani wakwaJuda, nâzo
encwadini yeembali zookumkani bakwaSirayeli.

13UYehowashe waya kuphumla kooyise, esikhundleni sakhe kwangena
uJerobhowam. UYehowashe wangcwatyelwa eSamariya phakathi
kookumkani bakwaSirayeli.

14Ngoku ke uElisha wayegula engazi kuphila. UYehowashe ukumkani
wakwaSirayeli waya kumbona, wamlilela esithi: “Tata wam! Tata wam! Nâzo
iinqwelo zabamahashe bakwaSirayeli!”

15UElisha wathi kuye: “Yiza neentolo nesaphetha.” Weza nazo ke,

16waza uElisha wathi kukumkani wakwaSirayeli: “Thatha isaphetha sibe
sesandleni sakho.” Akusithatha ke, uElisha wabeka izandla zakhe phezu
kwezo zokumkani, wathi:

17“Vula ifestile engasempumalanga.” Watsho eyivula ukumkani, waza uElisha
wathi: “Dubula!” Wadubula ke ukumkani, uElisha wathi: “Nâlo utolo
lukaNdikhoyo loloyiso, utolo lokoyisa ama-Aram! Uya kuwoyisa
uwatshabalalise ama-Aram eAfeki.”

18Wabuya ke wathi: “Zithathe ezi ntolo.” Waza wazithatha ke ukumkani.
UElisha wathi kuye: “Betha ngazo umhlaba.” Wabetha kathathu, wapheza.

19Ke umfo wakwaThixo wakhathazeka, wathi: “Ngewubethe kahlanu okanye
kathandathu, ukuze ube uloyise walitshabalalisa mpela elakwa-Aram. Ngoku
uya kuyoyisa kathathu kuphela.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[20]UElisha wasweleka, waza ke wangcwatywa. Ke amaMowabhi ayedla ngokulihlasela elo lizwe ukuthwasa konyaka.

[21]Kwathi ke kaloku amaSirayeli athile esangcwaba umntu, asuka abona iqela labahlaseli. Othuka, aza ke awuphosa engcwabeni likaElisha loo mzimba, wathi ke loo mzimba wakudibana namathambo kaElisha, suka waphila umntu lowo, wema ngeenyawo.

[22]UHazayeli ukumkani wakwa-Aram wawacinezela amaSirayeli ngalo lonke ixesha lokulawula lukaYowahazi.

[23]Kambe ke uNdikhoyo waba nesisa, wahlabeka, wavelana nawo ngenxa yomnqophiso wakhe noAbraham noIsake noYakobi. Unanamhlanje ke akazimiselanga kuwatshabalalisa okanye awagxothe awabhebhethe kuphele.

[24]Ukumkani uHazayeli wakwa-Aram wasweleka, kwaza esikhundleni sakhe kwangena unyana wakhe uBhenadadi.

[25]Ke uYowahashe unyana kaYowahazi wabuya wazithimba kuBhenadadi unyana kaHazayeli iidolophu awayezohluthe edabini esilwa noyise uYowahazi. Kwaba kathathu uYowahashe emoyisa, waza ke wazibuyisa iidolophu zamaSirayeli.

2 Yookumkani 14

UAmaziya ukumkani wakwaJuda

(2 Gan 25:1-28)

[1]Kwathi ke ngonyaka wesibini wolawulo lukaYehowashe unyana kaYowahazi ukumkani wakwaSirayeli, waqalisa ukulawula kwaJuda uAmaziya unyana kaYowashe.

[2]Ukuqala kwakhe ukulawula wayeneminyaka emashumi mabini anantlanu, waza ke walawula eJerusalem iminyaka emashumi mabini anethoba. Unina yayinguYowadan intombi yaseJerusalem.

[3]Ke yena wenza okulungileyo emehlweni kaNdikhoyo, kodwa akafika kwinqanaba likaDavide uyise. Kuko konke walandela ikhondo likayise uYehowashe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Iindawo eziphakamileyo zonqulo zange zibhangiswe; abantu baqhubela phambili, banikela amadini, besenza neziqhumiso khona.

5Wathi wakuba umilile umbuso wakhe wawabulala loo maphakathi ayebulele uyise.

6Kambe ke akababulalanga oonyana bababulali abo, ngokwelizwi elibhaliweyo encwadini yomthetho kaMosis, apho uNdikhoyo athi: “Abazali abayi kubulawa ngenxa yabantwana, nabantwana abayi kubulawa ngenxa yabazali; umntu ngamnye uya kufela esakhe isono.”

7Nguye owoyisa ishumi lamawaka amaEdom kwiNtili yeTyuwa, wathimba iSela awayibiza ngokuthi yiYoketele, gama elo lisasetyenziswayo unanamhla.

8UAmaziya ukumkani wakwaJuda wathumela izigidimi kuYehowashe unyana kaYowahazi kaYehu ukumkani wakwaSirayeli, ecel' umngeni, esithi: “Yiza sihlangane!”

9Kambe ke ukumkani uYehowashe ukumkani wakwaSirayeli wathumela kuAmaziya ukumkani wakwaJuda, wathi: “Umthana wameva waseLebhanon wathumela udaba kumsedare waseLebhanon, usithi: ‘Yendisela intombi yakho kunyana wam.’ Kusenjalo kwavela irhamncwa apho eLebhanon, laza lawunyhasha ngeenyawo loo mthana wameva.

10Ewe, uwoyisile amaEdom; ngoku unekratshi. Zingce ngoloyiso olo, kodwa uhlale ekhaya! Ngani ukuba uziqhwayele inkathazo eya kukukhahlela phantsi wena ndawonye noJuda?”

11Kambe ke uAmaziya zange aphulaphule; ngoko ke ukumkani wakwaSirayeli uYehowashe wamhlasela. Yena noAmaziya ukumkani wakwaJuda baqubisana eBhete-shemeshe kwelakwaJuda.

12UJuda ke wavuthululwa nguSirayeli, yaza ke yayileyo indoda yabalekela kowayo.

13UYehowashe ukumkani wakwaSirayeli wambamba uAmaziya ukumkani wakwaJuda unyana kaYowashe, ka-Ahaziya, eBhete-shemeshe. UYehowashe

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

waya eJerusalem, waza waludiliza udonga lwayo ukusukela kwiSango lakwaEfrayim, ukuya kwiSango leKona, umgama okwisithuba seemitha ezimakhulu mabini.

14Wayithatha yonke igolide nesiliva, nayo yonke impahla awayifumanayo endlwini kaNdikhoyo nakoovimba basebhotwe. Wemka nabathinjwa, wabuyela nabo eSamariya.

15Ke ezinye zeziganeko zolawulo lukaYehowashe, imisebenzi nemizabalazo yakhe ndawonye nemfazwe yakhe noAmaziya ukumkani wakwaJuda, nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaSirayeli.

16UYehowashe waya kuphumla kooyise, waza wangcwatywa eSamariya phakathi kookumkani bakwaSirayeli. UJerobhowam unyana wakhe wangena esikhundleni sakhe.

17Ke uAmaziya unyana kaYowashe ukumkani wakwaJuda wahlala iminyaka elishumi elinesihlanu emva kokufa kukaYehowashe unyana kaYowahazi ukumkani wakwaSirayeli.

18Ke ezinye zeziganeko zolawulo luka-Amaziya, nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaJuda.

19Bamenzela iyelenqe eJerusalem, waza wabalekela eLakishe, kodwa bamsukela, bamfumana eLakishe, bambulala khona.

20Wabuyiswa ngehashe, waza wangcwatyelwa eJerusalem phakathi kooyise kwisixeko sikaDavide.

21Ke amaJuda xa ewonke athatha uAzariya, ambeka wangukumkani esikhundleni sikayise uAmaziya. UAzariya lo ke wayeneminyaka elishumi elinesithandathu ezelwe.

22Nguye owayakhayo ngokutsha iElati, waza wayibuyisela kuJuda emva kokusweleka kuka-Amaziya.

UJerobhowam wesibini wakwaSirayeli

© 1996 Bible Society of South Africa.

23Kwathi ngonyaka weshumi elinesihlanu elawula uAmaziya unyana
kaYowashe ukumkani wakwaJuda, uJerobhowam unyana kaYehowashe
ukumkani wakwaSirayeli waba ngukumkani eSamariya, waza walawula
iminyaka emashumi mane ananye.

24Wênza okubi emehlweni kaNdikhoyo, kuba akashenxanga nakwesinye
kwizono zikaJerobhowam unyana kaNebhati, ezo walukuhlela amaSirayeli
kuzo.

25Nguye owabuyisela imida yelakwaSirayeli ukusukela kwinkalo yeHamati
ukuya kuLwandle oluFileyo, ngokwelizwi likaNdikhoyo uThixo kaSirayeli elo
walithetha ngesicaka sakhe uJona unyana ka-Amitayi umshumayeli
waseGati-hefere.

26Ke kaloku uNdikhoyo wabubona ubuhlungu awayekubo amaSirayeli ephela,
akhululekileyo namakhoboka. Ewe, ayebandezelekile kungekho bani
wokuwasiza.

27Ukanti ke uNdikhoyo wayengatshongo ukuba uya kulibhangisa kuphele
igama likaSirayeli ehlabathini, ngoko ke wamhlangula uSirayeli ngesandla
sikaJerobhowam unyana kaYehowashe.

28Ezinye zeziganeko zolawulo lukaJerobhowam nemisebenzi nemizabalazo
yakhe kwezemfazwe, ndawonye nendlela awayibuyisela kuSirayeli ngayo
iDamasko neHamati, ndawo ezo yayizezakwaJuda, nâzo encwadini yeembali
zookumkani bakwaSirayeli.

29UJerobhowam waya kuphumla kooyise, ookumkani bakwaSirayeli, kwaza
ke esikhundleni sakhe kwangena unyana wakhe uZakariya.

2 Yookumkani 15

UAzariya ukumkani wakwaJuda

(2 Gan 26:1-23)

1Kwathi ngonyaka wamashumi amabini anesixhenxe uJerobhowam
engukumkani kwaSirayeli, uAzariya unyana ka-Amaziya waqalisa ukulawula
kwaJuda.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

2Ukungena kwakhe ebukhosini wayeneminyaka elishumi elinesithandathu,
walawula eJerusalem iminyaka emashumi mahlanu anambini. Unina
yayinguYekoliya, intombi yaseJerusalem.

3UAzariya wênza okuhle emehlweni kaNdikhoyo njengoko wenzayo uyise
uAmaziya.

4Ke zona iindawo eziphakamileyo zonqulo zange zibhangiswe; abantu
baqhubela phambili besenza amadini neziqhumiso apho kuzo.

5Ukumkani lowo ke wabandezelwa ngeqhenqa nguNdikhoyo, sifo eso samthi
nca wada wasweleka, ehlala endlwini yakhe yedwa. Ke uYotam, unyana
kakumkani lowo, yaba nguye olawulayo apho komkhulu, inguye nophicotha
imicimbi yabantu jikele.

6Ezinye zeziganeko zolawulo luka-Azariya, nayo yonke imisebenzi yakhe,
nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaJuda.

7UAzariya waya kuphumla kooyise, waza wangcwatywa phakathi kwabo
kwisixeko sikaDavide. Endaweni yakhe kwangena uYotam unyana wakhe.

UZakariya ukumkani wakwaSirayeli

8Ngonyaka wamashumi amathathu anesibhozo uAzariya engukumkani
wakwaJuda, uZakariya unyana kaJerobhowam waba ngukumkani
wakwaSirayeli eSamariya isithuba seenyanga ezintandathu.

9Naye wenza okubi emehlweni kaNdikhoyo kwanjengooyise. Zange ashenxe
kwizono zikaJerobhowam unyana kaNebhati, ezo walukuhlela amaSirayeli
kuzo.

10Ke kaloku uShalum unyana kaYabheshe wamenzela iyelenqe uZakariya.
Wamhlasela phambi kwabantu wambulala, waza wangena ezihlangwini
zakhe wangukumkani.

11Ke ezinye zeziganeko zolawulo lukaZakariya nâzo encwadini yeembali
zookumkani bakwaSirayeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.

12Lazaliseka ke ilizwi likaNdikhoyo awalithetha kuYehu lisithi: “Indlu yakho
iya kumlawula uSirayeli kude kube sisizukulwana sesine.”

UShalum ukumkani wakwaSirayeli

13Ke kaloku uShalum unyana kaYabheshe waba ngukumkani wakwaSirayeli
kunyaka wamashumi amathathu anethoba u-Uziya engukumkani
wakwaJuda, walawula inyanga yanye eSamariya.

14Kwasuka uMenahem unyana kaGadi eTirza, waya eSamariya, wafika
wahlasela uShalum, unyana kaYabheshe, wambulala, waza wangena
esikhundleni sakhe.

15Ke ezinye zeziganeko zolawulo lukaShalum, neyelenqe awaliqulunqayo,
nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaSirayeli.

16Ngelo xesha ke uMenahem wasuka eTirza, wahlasela iTifesa nabo bonke
ababekweso sixeko nemimandla. Kaloku bona basuka bala ukuvula amasanga
abo bezinikezela kuye. Wavuthulula bonke apho, wada wagrabhuza nabafazi
abakhulelweyo.

UMenahem ukumkani wakwaSirayeli

17Kwathi ngonyaka wamashumi amathathu anethoba uAzariya elawula
kwaJuda, uMenahem unyana kaGadi waba ngukumkani wakwaSirayeli, waza
walawula eSamariya ishumi leminyaka.

18Wênza okubi emehlweni kaNdikhoyo. Ngalo lonke ithuba lombuso wakhe
akashenxanga kwizono zikaJerobhowam unyana kaNebhati, ezo walukuhlela
uSirayeli kuzo.

19Ke kaloku uPuli ukumkani waseAsiriya wahlasela uSirayeli, waza ke
uMenahem wamnika amashumi amathathu anesine amawaka eekhilogram
zesiliva ukuze amxhase, futhi abe nokumila embusweni wakhe.

20Le mali ke uMenahem wayibiza ebantwini abazizityebi. Wonke umntu omi
kakuhle wayekhupha amashumi amahlanu eesiliva ukuze kurhunywe
kukumkani waseAsiriya. Ngoko ke ukumkani waseAsiriya warhoxa
emhlabeni wakwaSirayeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.

21Ezinye zeziganeko zolawulo lukaMenahem nayo yonke imisebenzi yakhe,
nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaSirayeli.

22UMenahem waya kuphumla nooyise, kwaza ke esikhundleni sakhe
kwangena unyana wakhe uPekaya.

UPekaya ukumkani wakwaSirayeli

23Ngonyaka wamashumi amahlanu elawula kwaJuda uAzariya, uPekaya
unyana kaMenahem waba ngukumkani wakwaSirayeli eSamariya, waza
walawula iminyaka emibini.

24Wênza okubi emehlweni kaNdikhoyo uPekaya. Akashenxanga kwizono
zikaJerobhowam unyana kaNebhati, ezo walukuhlela amaSirayeli kuzo.

25Elinye lamaphakathi akhe injengele uPeka unyana kaRemaliya wamenzela
iyelenqe. Wathatha amashumi amahlanu kumadoda aseGiliyadi, waza
wambulala uPekaya ndawonye noArgobhi noAriye enqabeni yebhotwe
lakomkhulu eSamariya. Ewe, uPeka wambulala uPekaya, waza ke wangena
esikhundleni sakhe.

26Ezinye zeziganeko zolawulo lukaPekaya nayo yonke imisebenzi yakhe nâzo
encwadini yeembali zookumkani bakwaSirayeli.

UPeka ukumkani wakwaSirayeli

27Ngonyaka wamashumi amahlanu anambini elawula uAzariya
kwelakwaJuda, uPeka unyana kaRemaliya waba ngukumkani wakwaSirayeli,
waza walawula eSamariya iminyaka emashumi mabini.

28Wênza okubi emehlweni kaNdikhoyo; zange ashenxe kwizono
zikaJerobhowam unyana kaNebhati, ezo wawalukuhlela kuzo amaSirayeli.

29Ngexesha likaPeka, ukumkani wakwaSirayeli, ukumkani waseAsiriya
uTigelate-pilezere weza wafika wathimba i-Iyon, iAbhele-bhete-mahaka,
iYanowa, iKedeshe, neHazore. Wayithimba neGiliyadi ndawonye neGalili
(lonke elikaNafetali), waza abemi wabafudusela eAsiriya.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

30Ke uHosheya unyana kaEla wamenzela iyelenqe uPeka unyana kaRemaliya.
Suka wamhlasela wambulala, waza wangukumkani esikhundleni sakhe xa
uYotam unyana kaUziya wayekunyaka wamashumi amabini elawula
kwaJuda.

31Ke ezinye zeziganeko zolawulo lukaPeka, nayo yonke imisebenzi yakhe,
nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaSirayeli.

UYotam ukumkani wakwaJuda
(2 Gan 27:1-9)

32Ngonyaka wesibini kaPeka unyana kaRemaliya ukumkani wakwaSirayeli,
uYotam unyana kaUziya wakwaJuda waqalisa ukulawula.

33Ukuqala kwakhe ukulawula wayeneminyaka emashumi mabini anantlanu,
waza ke walawula eJerusalem iminyaka elishumi elinesithandathu. Unina
yayinguJerusha intombi kaZadoki.

34Naye njengoyise u-Uziya wenza okuhle emehlweni kaNdikhoyo.

35Kambe ke zona iindawo eziphakamileyo zonqulo zange zibhangiswe,
abantu baqhubela phambili besenza amadini neziqhumiso apho kuzo.
UYotam wabuya walakha iSango laseNtla lendlu kaNdikhoyo.

36Ke ezinye zeziganeko zolawulo lukaYotam, nayo yonke imisebenzi yakhe,
nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaJuda.

37Ngaloo mihla uNdikhoyo waxhokonxa uRezin ukumkani waseSiriya,
ndawonye noPeka unyana kaRemaliya, baza bahlasela uJuda.

38UYotam ke waya kuphumla kooyise, waza wangcwatywa phakathi kwabo
kwisixeko sikaDavide uyise. Ke uAhazi unyana wakhe wangena esikhundleni
sakhe.

2 Yookumkani 16

UAhazi ukumkani wakwaJuda
(2 Gan 28:1-27)

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Ke kaloku kwathi ngonyaka weshumi elinesixhenxe elawula uPeka unyana
kaRemaliya kwaSirayeli, uAhazi unyana kaYotam ukumkani wakwaJuda
waqalisa ukulawula kwelakwaJuda.

2UAhazi wayeneminyaka emashumi mabini ukungena kwakhe embusweni,
waza ke walawula iminyaka elishumi elinesithandathu eJerusalem. Yena
akalithathanga ikhondo likayise-mkhulu uDavide; ewe, akazange enze okuhle
emehlweni kaNdikhoyo uThixo wakhe.

3Wahamba ekhondweni lookumkani bakwaSirayeli, wada wenza isikizi
lokufaka unyana wakhe emlilweni, esenza idini ngaye, siko elo lalisenziwa
ziintlanga awazigxothayo uNdikhoyo ekungeneni kwamaSirayeli.

4Wayesenza amadini neziqhumiso ezindaweni zonke zonqulo ezindulini
naphantsi kwemithi yonke efukufuku.

5Ke uRezin, ukumkani wakwa-Aram, kunye noPeka, unyana kaRemaliya,
ukumkani wakwaSirayeli, basuka bahlasela iJerusalem, bayingqinga nakuba
bengayoyisanga.

6Ngelo thuba ke ukumkani uRezin wakwa-Aram wayibuyisela kwa-Aram
iElati, wabagxotha kuyo abantu bakwaJuda. Aza ke angena ema khona
amaSiriya unanamhla.

7UAhazi ke wathumela izigidimi kuTigelate-pilezere, ukumkani waseAsiriya,
esithi kuye: “Mna ndisisicaka nebamba lakho; ngoko ke nceda uze
kundihlangula, naku ndihlaselwa ngukumkani wakwa-Aram ekunye
nowakwaSirayeli.”

8Kananjalo ke uAhazi wayithatha isiliva kunye negolide ezazisendlwini
kaNdikhoyo nakoovimba bakomkhulu, wazithumela zasisipho arhuma ngaso
kukumkani waseAsiriya.

9Ukumkani waseAsiriya ke wasamkela eso sicelo, waza ke wahlasela
iDamasko. Abemi bakhona wabafudusela eKiri, ke yena uRezin wambulala.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[10]Ukumkani uAhazi wahlangabeza ukumkani waseAsiriya uTigelate-pilezere eDamasko. EDamasko ke apho wabona iqonga lamadini, waza wathumela kumbingeleli u-Uriya emnika iplani yalo neenkcukacha zokwakha elifana nalo.

[11]Umbingeleli u-Uriya ke wakha iqonga lamadini ngokwezo nkcukacha wayezithunyelelwe ngukumkani uAhazi eseDamasko. Iqonga elo waligqiba engekabuyi eDamasko ukumkani uAhazi.

[12]Ekubuyeni kwakhe ke, ukumkani walibona iqonga elo, waza wenza amadini kulo.

[13]Wenza amadini atshiswayo, iminikelo yeenkozo, kunye neminikelo ethululwayo, waza wafefa ngegazi elingumnikelo wakhe wobudlelwane kwalapho eqongeni.

[14]Ke lona iqonga lobhedu elalimi phambi koNdikhoyo walisusa phambi kwendlu kaThixo, apho lalikhona phakathi kweqonga elitsha nendlu kaNdikhoyo, walimisa ngasentla kweqonga elitsha.

[15]Ukumkani uAhazi wayalela umbingeleli u-Uriya wathi: “Kweli qonga litsha likhulu yenza amadini atshiswayo akusasa, namadini eenkozo asemalanga, amadini kakumkani atshiswayo, ndawonye namadini akhe eenkozo, kunye namadini atshiswayo abantu beli lizwe, ndawonye namadini abo eenkozo kunye nathululwayo. Apho eqongeni ke uze ufefe ngegazi lawo onke amadini atshiswayo. Ke lona iqonga lobhedu ndolisebenzisa xa ndifuna isikhokelo.”

[16]Ngenene ke u-Uriya wenza ngokomyalelo kakumkani uAhazi.

[17]Ukumkani uAhazi waziqhaqha iinqwelo zobhedu ezazilapho endlwini kaThixo, wazisusa nezitya zokuhlambela ezazikuzo. Walisusa ichibi lobhedu kwezo nkunzi zeenkomo zazilixhasile, walixhasa ngesiseko samatye.

[18]Wasisusa isigqubuthelo esasakhelwe uMhla woPhumlo apho endlwini kaThixo, walisusa nesango elalilungiselelwe ukumkani apho endlwini

© 1996 Bible Society of South Africa.

kaNdikhoyo, izinto ezo awayezenza kuba ezama ukukholisa ukumkani waseAsiriya.

19Ke ezinye zeziganeko zolawulo luka-Ahazi nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaJuda.

20UAhazi waya kuphumla kunye nooyise,waza wangcwatywa phakathi kwabo kwisixeko sikaDavide. Esikhundleni sakhe ke kwangena unyana wakhe uHezekiya.

2 Yookumkani 17

UHosheya ukumkani wokugqibela wakwaSirayeli

1Kwathi ngonyaka weshumi elinambini uAhazi engukumkani wakwaJuda wangena embusweni uHosheya, unyana kaEla, waba ngukumkani kwaSirayeli eSamariya. Walawula iminyaka elithoba.

2Wênza okubi emehlweni kaNdikhoyo, kambe ke noko akafananga nookumkani bakwaSirayeli ababemandulele.

3Ke uShalmanesere ukumkani waseAsiriya wahlasela uHosheya owayekade ephantsi kwakhe emnika imirhumo.

4Ukumkani waseAsiriya wafumanisa ukuba uHosheya umgwilikele, kuba wayethumele oonozaku-zaku kukumkani waseJiputa onguSo, futhi ke engasayikhuphi imirhumo awayefudula eyikhupha minyaka le. Ngoko ke uShalmanesere wambamba wamvalela entolongweni uHosheya.

5Ewe, ukumkani waseAsiriya wahlasela elo lizwe liphela; ke yona iSamariya wayingqinga iminyaka emithathu.

6Kuthe ke kunyaka wethoba elawula uHosheya, suka ukumkani waseAsiriya wayoyisa iSamariya, waza amaSirayeli lawo wawafudusela eAsiriya. Wawahlalisa eHala nakwiGozan ephezu komlambo iHabhore, ngokunjalo nakwiidolophu zamaMedi.

Isizathu sokuthinjwa kukaSirayeli

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Le ntlekele ke yamhlela uSirayeli kuba emonile uNdikhoyo uThixo wakhe owaya kumkhuphulula wamkhulula eJiputa phantsi kwesandla esingqongqo sokumkani wakhona. Basuka banqula thixo bambi,

8balandela imikhwa yeentlanga awazigxothayo uNdikhoyo, waza wafaka amaSirayeli emhlabeni wazo. Kananjalo bangena kwimikhwa eyangeniswa ngookumkani bakwaSirayeli.

9AmaSirayeli anyebelezela enza izinto ezichaseneyo noNdikhoyo uThixo wawo, zinto ezo wayengazifuni. Azakhela iindawo zonqulo kuzo zonke iidolophu, ukusukela kwimboniselo yabalindi kuye kutsho kwizixeko ezinqatyisiweyo.

10Amisa iintsika zamatye kunye nemifanekiso ka-Ashera kuzo zonke iinduli naphantsi kwayo yonke imithi efukufuku.

11AmaSirayeli ayesenza iziqhumiso kuzo zonke iinduli zawo zonqulo, mkhwa lowo ke wawusenziwa ziintlanga awazigxothayo uNdikhoyo phambi kokuba afake amaSirayeli khona. Ewe, ayesenza izinto azichasileyo uNdikhoyo; ngaloo ndlela ke awuxhokonxa umsindo wakhe.

12Ewe, ayenqula izithixo, nangona uNdikhoyo wayethe: “Ze ningayenzi into enjalo.”

13Kaloku uNdikhoyo wayemlumkisile uSirayeli ndawonye noJuda, ethetha nabo ngabashumayeli bakhe neemboni, esithi: “Buyani kwiindlela zenu ezikhohlakeleyo. Yithobeleni imithetho ndawonye nemimiselo yam. Ziphatheni ngokwezimiso zomthetho xa uwonke, ngokwelizwi endalimisela ooyihlo ndathi mabalithobele, ndabuya ndalithetha nakuni ngabashumayeli abazizicaka zam.”

14Kambe ke amaSirayeli asuka akaphulaphula, koko ankaniza njengooyise ábâsuka àbakholosa ngoNdikhoyo uThixo wabo.

15Basuka bayibukula imimiselo kunye nomnqophiso awayewenze kunye nooyise, abazikhathalela nezilumkiso awabayala ngazo. AmaSirayeli asuka

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

alandelana nemifanekiso ephuthileyo, aza kananjalo nawo aphutha. Asuka alinganisa iintlanga ezaziwangqongile, nangona uNdikhoyo wayewayalile wathi: “Ze ningayilandeli imikhwa yazo.”

16Ayilahla yonke imithetho kaNdikhoyo uThixo wawo, aza azenzela imifanekiso etyhidiweyo yethole yamibini, aqingqa nomfanekiso ka-Ashera. Aguqa abusa kuzo zonke iinkwenkwezi, anqula noBhali.

17AmaSirayeli afaka oonyana neentombi zawo emlilweni, esenza amadini ngabo. Ewe, angena kwimikhwa yokuvumisa, ahamba nakoosiyazi,azinikezela ekwenzeni okubi emehlweni kaNdikhoyo, emcaphukisa.

18Ngoko ke uNdikhoyo wakhathazeka gqitha, waza wawasusa amaSirayeli phambi kwakhe, akwasala namnye ngaphandle nje kwendlu kaJuda.

19Kanti nayo leyo ayiyithobelanga imithetho kaNdikhoyo uThixo wayo. Nabo bangena ekhondweni lemikhwa eyaqalwa nguSirayeli.

20Ngeso sizathu ke uNdikhoyo wawabukula amaSirayeli xa ewonke. Suka wawabandezela, wawayekela azizisulu zokuxhatshazwa. Ekugqibeleni ke wawasusa phambi kwakhe.

21UNdikhoyo wathi akumahlula uSirayeli kwindlu kaDavide, suka uSirayeli wathatha uJerobhowam unyana kaNebhati, wamenza ukumkani. UJerobhowam lowo ke wamwexula uSirayeli ekulandeleni uNdikhoyo, wamlukuhla, wamfaka kwisonokazi esikhulu.

22AmaSirayeli athi nca kwizono zikaJerobhowam, akavuma ukwahlukana nazo,

23wada ke uNdikhoyo wawagxotha ngokwesilumkiso awayesenze ngomlomo wezicaka zakhe abashumayeli. Ngoko ke amaSirayeli afuduswa kwelakowawo, agxothelwa eAsiriya, apho asekhona ke unanamhla.

Iintlanga eSamariya

© 1996 Bible Society of South Africa.

24Ke kaloku ukumkani waseAsiriya waya kuthatha abantu eBhabheli, eKuta, eAva, eHamati, naseSefarvayim, waza wabahlalisa kwiidolophu zamaSirayeli eSamariya. ISamariya leyo ke bayithathela kubo, bahlala kwiidolophu zayo.

25Ekungeneni kwabo khona zange bamnqule uNdikhoyo; ngoko ke wabathumela ngeengonyama ezababulalayo abanye abantu.

26Bathetha nokumkani waseAsiriya, wafumana umyalezo othi: “Abantu owabafudusela kwiidolophu zaseSamariya abayazi indlela yokunqula uThixo wakhona. Ngoko ke ubathumelele iingonyama ezibabulalayo, kuba kaloku abo bantu abawazi amasiko awafunayo uThixo wakhona.”

27Ke ukumkani waseAsiriya wanika umyalelo othi: “Thathani omnye kubabingeleli enabathimba eSamariya, niye kumhlalisa khona, ukuze afundise abo bantu indlela anqulwa ngayo uThixo wakhona.”

28Ngenene ke bathatha omnye kubabingeleli ababethinjwe eSamariya, baya kumhlalisa eBhetele, wabafundisa ke abo bantu indlela anqulwa ngayo uNdikhoyo.

29Naxa kunjalo kwezo dolophu uhlanga ngalunye kwezo dolophu zazikuzo ezo ntlanga lwazenzela oothixo balo, lwabamisa kwezo ndawo ziphakamileyo zonqulo zazenziwe ngabantu baseSamariya.

30Ababevela eBhabheli bazenzela uSukoti-bhenoti, ababevela eKuta bazenzela uNergale, ababevela eHamati bazenzela uAshima,

31ama-Avi wona azenzela uNibhasi noTartake; ke wona amaSefarvayim ayefaka abantwana bawo emlilweni, esenzela oothixo bawo uAdrameleki noAnameleki amadini.

32Babemnqula yena uNdikhoyo, kodwa kananjalo bamisela abantu babo ukuze babe ngababingeleli kwiindawo zonqulo eziphakamileyo.

33Bamnqula uNdikhoyo, kodwa ngokunjalo babanqula noothixo babo, ngokwamasiko ezo ntlanga babephuma kuzo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

34Unanamhla abakalumleki kuloo mikhwa yabo yemveli. UNdikhoyo abamnquli nokumnqula, bengabambeleli nakwizimiso nemiyalelo, imithetho nemiqathango, uNdikhoyo awayinikela isizukulwana sikaYakobi, lowo wambiza ngokuba nguSirayeli.

35Ngokuya uNdikhoyo wayesenza umnqophiso namaSirayeli wayalela wathi: “Ze ningabanquli abanye oothixo; ze ningaguqi nibakhahlele, ningabakhonzi, ningabenzeli namadini.

36Eniya kunqula yena nguNdikhoyo, yena wanikhululayo kwelaseJiputa ngaloo mandla obungangamsha bakhe angoyiswa nto. Nguye enifanele ukuguqa kuye, nimenzele amadini.

37Ze nizithobele ngenyameko izimiso nemiyalelo yakhe, imithetho nemiqathango awanibhalela yona. Ze ninganquli thixo bambi ngaphandle kwakhe.

38Umnqophiso endawenza kunye nani ze ningawulibali, ninganquli thixo bambi.

39Kuphela nqulani uNdikhoyo uThixo wenu, kuba nguye yedwa oya kunihlangula kuzo zonke iintshaba zenu.”

40Kambe ke zange baphulaphule, koko bayiqhubela phambili imikhwa yabo yemveli.

41Aba bantu babesithi bemnqula nje uNdikhoyo, kodwa babe beyinqula nemifanekiso yabo eqingqiweyo. Unanamhla ke abantwana babo, nditsho nesizukulwana, basathene nca nezo ndlela zooyise-mkhulu.

2 Yookumkani 18

UHezekiya ukumkani wakwaJuda

(2 Gan 29:1-2; 31:1)

1Ke kaloku kwathi ngonyaka wesithathu kaHosheya unyana kaEla ukumkani wakwaSirayeli, uHezekiya unyana ka-Ahazi ukumkani wakwaJuda waqalisa ukulawula.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Ukuqalisa kwakhe ukulawula wayenamashumi amabini anesihlanu ezelwe,
waza ke walawula eJerusalem amashumi amabini anethoba eminyaka. Unina
yayinguAbhiya intombi kaZakariya.

3Wênza okuhle emehlweni kaNdikhoyo njengoyise-mkhulu uDavide.

4Wazibhangisa iindawo eziphakamileyo zonqulo, wawaqhekeza amatye
awodwa onqulo, wazigawula iintsika zika-Ashera. Wayikroboza inyoka
yobhedu eyayenziwe nguMosis. Kaloku ukuza kuthi ga kwelo thuba
amaSirayeli ayeyenzela iziqhumiso, kusithiwa nguNehushtani.

5UHezekiya yena wakholosa ngoNdikhoyo uThixo kaSirayeli. Kubo bonke
ookumkani bakwaJuda akuzange kubekho ofana naye, ngaphambili
nangasemva kwakhe.

6Wabambelela kuNdikhoyo, akashenxa kuye, wayithobela loo mithetho
wayinika uMosis uNdikhoyo.

7Ngoko ke uNdikhoyo waba ngakuye, wamphumelelisa nakuyiphi na into
ayenzayo. Wayivukela ikumkani yaseAsiriya, akavuma ukuyibusa.

8Wawagqogqa wawagqugqisa amaFilistiya esusela ezimboniselweni ukuya
kwizixeko ezinqatyisiweyo, wada wee xhaxhe ngeGaza nemimandla yayo.

9Kwathi kunyaka wesine kakumkani uHezekiya owawungunyaka wesixhenxe
kaHosheya unyana kaEla ukumkani wakwaSirayeli, ukumkani waseAsiriya
uShalmanesere wahlasela iSamariya wayingqinga.

10Ekupheleni kweminyaka emithathu ama-Asiriya lawo ayoyisa iSamariya,
yaza ke yaba ithinjiwe ngonyaka wesithandathu kaHezekiya,
owawungunyaka wethoba kakumkani uHosheya wakwaSirayeli.

11Ukumkani waseAsiriya wamfudusa uSirayeli, wamsa eAsiriya, abantu
wabamisa eHala, naseGozan kumlambo iHabhore, nakwiidolophu zamaMedi.

12Isihla nje le ntlekele kungokuba amaSirayeli engamthobelanga uNdikhoyo
uThixo wawo, koko esuka awaphula umnqophiso nayo yonke imiyalelo
yesicaka sikaNdikhoyo uMosis. Ewe, akeva, akenza.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

USenakeribhe uhlasela elakwaJuda
(2 Gan 32:1-19; Isaya 36:1-22)

13Ngonyaka weshumi elinesine wokulawula kukakumkani uHezekiya,
ukumkani waseAsiriya uSenakeribhe wazihlasela wazithimba zonke izixeko
ezinqatyisiweyo zakwaJuda.

14Ke uHezekiya, ukumkani wakwaJuda, wathumela lo myalezo kukumkani
waseAsiriya eLakishe, esithi: “Ewe, ndikonile; nceda ke ngoko urhoxe kum.
Ndokhupha nantoni na othi mandirhume ngayo.” Ukumkani waseAsiriya ke
wamrhafisa ishumi lamawaka eekhilogram zesiliva kunye newaka
leekhilogram zegolide.

15Ngoko ke uHezekiya wamnika yonke isiliva eyafumanekayo endlwini
kaNdikhoyo nakoovimba bakomkhulu.

16Kananjalo ke uHezekiya, ukumkani wakwaJuda, ngelo xesha wayixobula
negolide awayetyabeke ngayo iingcango nemigubasi yendlu kaNdikhoyo,
wayinika ukumkani waseAsiriya.

17Ke kaloku ukumkani waseAsiriya wathi eseLakishe wathumela ukumkani
uHezekiya eJerusalem umkhosi omkhulu uphantsi kwenjengele yakhe,
nengqwayi-ngqwayi engumaqhuzu, ndawonye nengqwayi-ngqwayi
ebhexeshayo. Wakufika eJerusalem loo mkhosi, wema kwindlela ebheka
apho kusetyenzwa khona amalaphu, ngakumjelo otsala amanzi kwiqula
elingentla.

18La madoda ke akhwaza ukumkani, kwaza ke kwaphuma uEliyakim unyana
kaHilekiya umaqhuzu wakomkhulu, noShebhena unobhala wenkundla,
ndawonye noJowa unyana ka-Asafu usiba-khulu, bawahlangabeza.

19Ingqwayi-ngqwayi ebhexeshayo yathetha nabo yathi: “Xelelani uHezekiya
nithi: ‘Ithethe ngolu hlobo ingangalala ukumkani waseAsiriya: Njengokuba
uzithembe kangaka nje, Hezekiya, uqamele ngantoni kanye?

20Akuzilibali unamacebo nobuchule bomkhosi onamandla. Awu, waza
walavuza kambe! Ukholose ngabani, undivukela nje?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21Jonga, ndiyazi ukuba uthembele ngeJiputa. Xa ingubani yona, umsimelelo ofana nengcongolo entlekekileyo, ojika uhlabe izandla zomntu osimelela ngawo, umtsho abe namanxeba. Ewe, unjalo ukumkani waseJiputa; ubenjenjalo bonke abakholosa ngaye.

22Mhlawumbi ke uthi: “Hayi, thina sikholose ngoNdikhoyo uThixo wethu.” Kanene lowo asingulo uHezekiya amdilizele iindawo eziphakamileyo zonqulo, wabhangisa namaqonga amadini akhe, esithi kuJuda neJerusalem: “Yizani kunqula kwiqonga eliseJerusalem”?

23“ ‘Hayi bo! Yiza kaloku, ukhe unqophisane nenkosi yam, umhlekazi ukumkani waseAsiriya. Ndokunika amawaka amabini amahashe ukuba unganabo abakhweli.

24Kuxa ungubani wena? Akunakuthelekiswa nalo nebhetye-bhetye kumajoni aseAsiriya, noba ungade ukholose ngeenqwelo namahashe aseJiputa.

25Kakade ke, uthi ndifane ndeza kuhlasela ukuze nditshabalalise ndibhuqe konke apha ndingayalelwanga nguNdikhoyo? Hayi, nguNdikhoyo ngokwakhe othe mandingene apha, ndilitshabalalise eli lizwe!’ ”

26Kwesi sithuba ke uEliyakim unyana kaHilekiya, noShebhena, noJowa, babhekisa apho kwingqwayi-ngqwayi engumbhexeshi, bathi: “Khawuncede ukhumshe isiAram, mhlekazi; izicaka zakho ezi ziyasiqonda. Musa ukuthetha nathi ngesiHebhere, hleze kuve naba bantu baseludongeni.”

27Kambe ke loo ngqwayi-ngqwayi yaphendula yathi: “Yini le, nicinga ukuba la mazwi inkosi yam iwabhekisa enkosini yenu nakuni kuphela? Nithi ayiwabhekisi nakwaba bantu bahleli kolu donga? Andithi kaloku nabo kwanjengani baza kutya ilindle labo, basele umchamo wabo!”

28Yaphakama ke ingqwayi-ngqwayi leyo, yadanduluka ithetha ngesiHebhere, yathi: “Phulaphulani nive ekuthethayo ingangalala, ukumkani waseAsiriya!

29Ukumkani uthi: ‘Sanukukhohliswa nguHezekiya lo! Akanako ukunihlangula esandleni sam.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

30Sanukumvumela aniwexulele ekukholoseni ngoNdikhoyo, esithi: “Ngenene
uNdikhoyo uya kusihlangula, nesi sixeko asiyi kuba lixhoba lokumkani
waseAsiriya.” ’

31“Musani ukumphulaphula uHezekiya lo! Ukumkani waseAsiriya uthi:
‘Phumani, nize kuzinikezela kum, sivisisane. Ukuba niyayenza loo nto, nonke
ngabanye niya konwaba, ibe ngulowo nalowo atye iziqhamo zesidiliya sakhe
namakhiwane akhe, esela amanzi equla lakhe,

32ndide ndize kunithatha, ndinise kwilizwe elifana neli lenu, umhlaba
onemveliso yeenkozo newayini, ilizwe lengqolowa nediliya, ilizwe elinemithi
yeminquma kunye nobusi. Zikhetheleni ubomi ke, ningakhethi ukufa.’
“Sanukulahlekiswa nguHezekiya, kuba uyanilahlekisa xa esithi: ‘UNdikhoyo
uza kusihlangula.’

33 Nguthixo wasiphi isizwe owakhe wasihlangula esandleni sokumkani
waseAsiriya?

34Baphi oothixo baseHamati naseArpadi? Baphi oothixo baseSefarvayim,
abaseHena, nabaseIva? Ngaba bakha bayihlangula iSamariya esandleni sam?

35Nguwuphi kwaba thixo bezi zizwe xa bebonke owakha wanako
ukuhlangula ilizwe esandleni sam? Ke, uNdikhoyo lowo yena angayihlangula
njani iJerusalem esandleni sam?”

36Kodwa ke bona abantu abo bathula bathi cwaka, abaphendula, kuba kaloku
ukumkani uHezekiya wayebayalile wathi: “Ze ningamphenduli.”

37Ke kaloku uEliyakim unyana kaHilekiya, umaqhuzu wakomkhulu,
noShebhena unobhala wenkundla, kunye noJowa unyana ka-Asafu, usiba-
khulu, bakhathazeka, bazikrazula izambatho zabo, bahamba baya
kuHezekiya, baza bamazisa loo mazwi athethwe yingqwayi-ngqwayi.

2 Yookumkani 19

Ukumkani ucetyiswa nguIsaya

(Isaya 37:1-7)

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Ke kaloku wathi akuziva ezi ndaba ukumkani uHezekiya, suka wakhathazeka, wazikrazula izambatho zakhe, wanxiba ezirhwexayo zokuzila, waya kungena endlwini kaNdikhoyo.

2Wathuma uEliyakim umaqhuzu wakomkhulu, noShebhena unobhala, kunye nababingeleli abaphambili, bonke benxibe ezirhwexayo, wathi mabaye kumshumayeli uIsaya unyana ka-Amozi.

3Baya, bafika bathi: “UHezekiya uthi: ‘Lo ngumhla wenkxwaleko, impoxo, nehlazo. Sifana nomfazi ofikelwe lixesha lakhe lokuzala, kodwa engenawo amandla okujongana naloo meko.

4Makube uNdikhoyo uThixo wakho uwevile onke amazwi athethwe yingqwayi-ngqwayi leya ibithunywe yinkosi yayo ukumkani waseAsiriya ukuze ize kuphoxisa ngoThixo ophilayo. Ngamana yakhalinyelwa ngenxa yamazwi aweve ngokwakhe uNdikhoyo uThixo wakho. Ngoko ke nceda uthandazele amasalela asindileyo.’ ”

5Athe akufika kuIsaya loo maphakathi kakumkani uHezekiya,

6uIsaya wathi kuwo: “Yixeleleni inkosi yenu ukuba uNdikhoyo uthi: ‘Musa ukuxhalaba yiloo nto uyivileyo – loo mazwi athethwe liphakathi lokumkani waseAsiriya lindithuka.

7Uyabona ke, mna ndiza kumfaka umoya wokuba athi akuva umingi-mingi lodaba oluthile, asuke abuyele kwelakowabo. Khona apho ke ndiya kwenza ukuba abulawe ngekrele.’ ”

Ama-Asiriya athumela isoyikiso kwakhona
(Isaya 37:8-20)

8Ingqwayi-ngqwayi engumbhexeshi womkhosi yathi yakuva ukuba ukumkani waseAsiriya umkile eLakishe, suka yarhoxa, yabuya umva, yaza yafika ukumkani esilwa neLibhena.

9Ke uSenakeribhe wafumana udaba oluthi uTiraka, umKushe ongukumkani waseJiputa, nanko ehlasela iAsiriya. Ngoko ke waphinda wathumela kuHezekiya esithi:

© 1996 Bible Society of South Africa.

10“Yithi kukumkani uHezekiya wakwaJuda: ‘Musa ukukhohliswa ngulo Thixo wakho umthembileyo. Uyakuxokisa xa esithi: “IJerusalem ayiyi kuthinjwa ngukumkani waseAsiriya.”

11Kaloku sowuzivile izigigaba zokumkani waseAsiriya kwezinye izizwe; uyazi ukuba wazibhukuqa wazitshabalalisa tu. Ke wena uthi uya kusinda njani?

12Babephi oothixo bezizwe ezatshatyalaliswa ngoobawo-mkhulu? Abazihlangula ngani ke? Oothixo baseGozan, eHaran, eRezefe, nabo babantu base-Eden ababeseTelasare!

13Uphi ngoku ukumkani waseHamati, nowaseArpadi, nokumkani wesixeko saseSefarvayim? Yena owaseHena nowaseIva uphi?’ ”

14Ezo zigidimi zamnika loo leta uHezekiya, waza ke yena wayifunda, wayithatha waya nayo endlwini kaNdikhoyo, wafika wayandlala phambi koNdikhoyo.

15Wathandaza kuNdikhoyo, wathi: “Ndikhoyo, Thixo kaSirayeli, wena osesihlalweni phakathi kwezithunywa ezimaphiko,nguwe kuphela onguThixo olawula zonke izikumkani zehlabathi. Wena wawadala amazulu kwanehlabathi.

16Kaloku ke, Ndikhoyo, khawubek' iindlebe uphulaphule. Vula amehlo akho ujonge, Ndikhoyo. Khawuweve la mazwi awathumeleyo uSenakeribhe, ethuka uThixo ophilayo.

17Sivile, Ndikhoyo, ukuba ookumkani baseAsiriya bazibhuqa bazitshabalalisa ezi zizwe kunye nemihlaba yazo.

18Oothixo bazo wabafaka emlilweni, wabatshabalalisa; kuba kakade babengethixo, koko yimifanekiso eqingqwe zizandla zabantu ngomthi nangelitye.

19Ngoko ke ngoku, Ndikhoyo Thixo wethu, khawusihlangule kulo mfo, khon' ukuze zonke izikumkani zehlabathi ziqonde ukuba nguwe wedwa, Ndikhoyo, onguThixo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

UIsaya uxela ukuwa kukaSenakeribhe
(Isaya 37:21-38)

20Ke uIsaya unyana ka-Amozi wathumela umyalezo kuHezekiya, esithi: “
UNdikhoyo uThixo kaSirayeli uthi: ‘Ndiwuvile umthandazo wakho mayela
nokumkani waseAsiriya uSenakeribhe.’

21Mayela naye ke uNdikhoyo uthi: “ ‘Okokwakho, wena Senakeribhe, isixeko
iZiyon siyakugcolodela; isixeko iZiyon sihlekisa ngawe. Ewe, iJerusalem
ihlunguzel' intloko xa ikubona wena uswantsula.

22Ngubani lo umngcikiva ngezinyeliso ezinje? Uba uthetha nabani ukhwaza
nje? Ngubani lo umjonge ungenambeko? Lowo ke nguYedwa kaSirayeli!

23Wena uthumele izigidimi, uNdikhoyo wamfumba ngezithuko; kaloku
ugcolode wathi: “Mna ndinenyambalala yeenqwelo; ngazo ndiqabel' iintab'
eziphakamileyo, loo malenga-lenga aseLebhanon. Ndiyigawule imisedare
yayo emide naloo mipayini yayo ingayiwayo. De ndafikelela nasekudeni,
nditsho esitsikolweni sehlathi.

24Ndimbe amaqula kumazwe eentlanga, ndaza ke ndasela amanzi khona.
Ndingqishe ngonyawo kuphela, yatsho yoma yonke imithomb' eJiputa.”

25“ ‘Ngaba awuzange uve na; ukuba le nto yamiselwa ndim, ukuba
sekuntsuku ndayicwangcisayo le nto yenzekayo namhlanje, ukuba wena
udilize izixeko ezinqatyisiweyo, uzivuthulule zitsho zibe ngamabhodlo?

26Abemi bazo baphelelwe ngamandla; bathe nkamalala, basezintlonini. Nqwa
nomfino emasimini phaya ngathi zizithombo ezithukuzayo, ngathi yingc'
entshula phezu kwendlu, esuk' itshe ingakhulanga nokukhula.

27“ ‘Kambe ke ndikwazi kakuhle, ndikwazi ukusuka nokuhlala namagwevu
okundivukela kwakho.

28Kaloku wena uzimisele ukulwa nam. Ndivile nangokundinyelisa kwakho.
Ndiza kukuqhobosha impumlo, ndikufake umkhala emlonyeni, ndikubuyisele
aph' ubuvela khona.’

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

29“Nanku ke umqondiso wakho, Hezekiya: “ ‘Kulo nyaka uya kutya ummilela,
kowesibini utye ummilela wommilela, kowesithathu ke uhlwayele uvune
utyale izidiliya, utye iziqhamo zazo.

30Ophinda ke amasalela endlu kaJuda amile; ewe, aya kuzika ade azinze,
aqhelezele yinkqubela abe njeyaa.

31Kaloku lona lophuma eJerusalem; losuka lithi gqi qhaphu ihlumelo. Lothi
nyalulu kwintaba iZiyon; nditsho iqela labo babhungcileyo. Ewe, uNdikhoyo
uSomandla uzimisele, yaye ke eya kuyifezekisa loo nto.’

32“Ewe, uNdikhoyo uthetha ngolu hlobo mayela nokumkani waseAsiriya: “
‘Akasoze angene kwesi sixeko, engayi kudubula lutolo apha. Akasoze eze
phambi kwaso, engayi kusihlanganisela ngakhaka. Akasayi kwakha
asingqinge esi sixeko.

33Ewe, wobuya agoduke kwangendlela ebeze ngayo. Soze angene kwesi
isixeko! Nditshilo nje mna Ndikhoyo, nditshilo.

34Ndiya kusihlanganisela esi sixeko; ewe, mna ndiya kusihlangula. Ngenxa
yesidima segama lam, nangenxa yesicaka sam uDavide, yonke loo nto ndiya
kuyenza.’ ”

35Ngobo busuku ke isithunywa sikaNdikhoyo saya kumkhosi wama-Asiriya,
safika sabulala amadoda alikhulu mashumi asibhozo anantlanu amawaka.
Bathe ke bakuvuka ngentsasa elandelayo bazibona izidumbu zithe gangalala!

36Ngoko ke uSenakeribhe, ukumkani waseAsiriya, wazichitha warhoxa,
wabuyela eNiniva, wahlala khona.

37Ngamhla uthile ke uthe esanqula kwindlu yothixo wakhe uNiseroki, suka
oonyana bakhe uAdrameleki noSharezere bamhlasela, bambulala ngekrele,
baza ke babalekela kwelaseArarati. Ke uEsaridon, omnye koonyana bakhe,
wangena esikhundleni sakhe, wangukumkani.

2 Yookumkani 20

Ukugula kukaHezekiya

(Isaya 38:1-8,21-22; 2 Gan 32:24-26)

© 1996 Bible Society of South Africa.

1Ngelo thuba ke ukumkani uHezekiya wahlabeka, waza wagulela
ukungabikho. Umshumayeli uIsaya, unyana ka-Amozi, waya kumbona, waza
wathi kuye: “ UNdikhoyo uthi: ‘Lungisa imicimbi yomzi wakho ime kakuhle,
kuba uza kufa, awuzukuphila.’ ”

2Ke uHezekiya wasuka wafulathela, wajonga eludongeni, wathandaza
kuNdikhoyo wathi:

3“Khumbula kaloku, Ndikhoyo, ukuba oko ndakunqulayo ndikukhonza
ngentembeko nokunyaniseka, ndaba soloko ndihamba ngokomyalelo wakho.”
Suka ke wangqukruleka kabuhlungu.

4Uthe ke uIsaya engekaphumi kwindlu ephakathi, labe ilizwi likaNdikhoyo
selifikile kuye. Lalisithi:

5“Jika uxelele inkokheli yabantu bam uHezekiya, uthi: ‘Nali ilizwi elithethwa
nguNdikhoyo uThixo kayihlo uDavide: Ndiwuvile umthandazo wakho,
ndazibona neenyembezi zakho. Ndiza kukuphilisa. Ngosuku lwesithathu
ukusuka ngoku uya kuya endlwini kaNdikhoyo.

6Ndiza kubongeza ngeminyaka elishumi elinesihlanu ubomi bakho. Futhi
ndiza kukuhlangula wena kunye nesi sixeko kwisandla sokumkani
waseAsiriya. Esi sixeko ndiza kusikhusela ngenxa yesidima segama lam
nangenxa yesicaka sam uDavide.’ ”

7UIsaya uqhube wathi: “Ithumba elo libekeleni ngentlama yomkhiwane.”
Ngenene ke balibekela ithumba elo, waza ke waphila.

8UHezekiya wabuza kuIsaya wathi: “Woba yintoni na umqondiso wokuba
uNdikhoyo uya kundiphilisa ndize ndibe nako ukuya endlwini kaNdikhoyo
ngosuku lwesithathu ukusuka ngoku?”

9UIsaya wathi: “Nanku ke umqondiso kaNdikhoyo ocacisa ukuba yena uya
kwenza ngokwesithembiso sakhe. Ùthi isithunzi masiye phambili ishumi
leenyawo okanye sibuye umva ishumi leenyawo?”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

10UHezekiya wathi: “Yinto engenamsebenzi ukuba isithunzi siye phambili
ishumi leenyawo. Hayi, kanye masibuye umva ishumi leenyawo.”

11Ke umshumayeli uIsaya wanqula uNdikhoyo, waza uNdikhoyo wasibuyisa
umva isithunzi kangangeenyawo ezilishumi apho kwisitupu sika-Ahazi.

Izigidimi zaseBhabheli
(Isaya 39:1-8)

12Ke kaloku ngelo xesha ukumkani waseBhabheli, uMerodaki-bhaladan
unyana kaBhaladan, weva ukuba uHezekiya ubekhe wagula. Ngoko
wambhalela iileta, wazithumela ngezigidimi kunye nesipho.

13UHezekiya wazamkela izigidimi ezo, waza wazibonisa konke
okwakukoovimba bakhe: isiliva negolide, ubulawu neziqholo, nazo zonke
izikrweqe zakhe zomkhosi. Wazingenisa kubo bonke oovimba bakhe,
akwabikho nto zingayibonanga apho ebhotwe nakubukumkani bakhe
buphela.

14Umshumayeli uIsaya ke waya kukumkani uHezekiya, wafika wabuza wathi:
“La madoda ebevela phi, efuna ntoni khona?” UHezekiya uphendule wathi:
“Aphuma kwelikude eBhabheli.”

15“Ngaba kukho nto ayibonileyo ke apha komkhulu?” ubuzile umshumayeli.
UHezekiya uphendule ngelithi: “Akukho nto angayibonanga. Ndiwangenise
kubo bonke oovimba bam.”

16Waza ke uIsaya wathi kuHezekiya: “Nali ke ilizwi likaNdikhoyo:

17‘Ngenene liyeza ithuba apho yonke into elapha komkhulu nalo lonke ilifa
elashiywa ngooyihlo ukuza kuthi gaa namhlanje liya kuthinjwa lifuduselwe
eBhabheli.’ Ewe, uNdikhoyo uthi akukho nto iya kusala.

18Abanye kubazukulwana besinqe sakho kanye baya kuthinjwa, baze benziwe
amathenwa, babe zizicaka kwibhotwe lokumkani waseBhabheli.”

19“Eli lizwi likaNdikhoyo ulithethayo lifanelekile,” uphendule watsho
uHezekiya. Kaloku wayesithi: “Noko kuya kubakho inzolo nokhuseleko
ngemihla yokudla kwam ubomi.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Ukufa kukaHezekiya
(2 Gan 32:32-33)

20Ke ezinye zeziganeko zikaHezekiya, nayo yonke imizabalazo yakhe esenza
iqula netonela awatsala amanzi ngalo ewangenisa esixekweni, nâzo
encwadini yeembali zookumkani bakwaJuda.

21UHezekiya ke waya kuphumla kooyise, waza ke unyana wakhe uManase
wangukumkani esikhundleni sakhe.

2 Yookumkani 21

UManase ukumkani wakwaJuda
(2 Gan 33:1-20)

1UManase wayeneshumi elinesibini leminyaka ukuqala kwakhe ukuba
ngukumkani, waza ke walawula eJerusalem iminyaka emashumi mahlanu
anesihlanu. Unina yayinguHefezibha.

2Wênza okubi emehlweni kaNdikhoyo, wasuka wahamba ekhondweni
lemikhwa emasikizi yezo zizwe wazigxothayo uNdikhoyo phambi
kwamaSirayeli.

3Iindawo zonqulo eziphakamileyo awazitshitshisayo uyise uHezekiya, yena
wabuya wazivusa, kananjalo wakhela noBhali amaqonga, wenza nentsika ka-
Ashera, kanye ngendlela awayenze ngayo uAhabhi ukumkani wakwaSirayeli.
Wayequbuda nakwiindidi zonke zeenkwenkwezi ezinqula.

4Wakha amaqonga endlwini kaNdikhoyo, nangona uNdikhoyo wayeyalele
wathi: “Igama lam ndolimisa eJerusalem.”

5Kuzo zombini iinkundla endlwini kaNdikhoyo wakhela iinkwenkwezi
amaqonga.

6Unyana wakhe wamfaka emlilweni, esenza idini ngaye. Wayethe phithi
yimilingo nokuvumisa, ehamba kumagqirha noosiyazi. Wayegqithisile
ukwenza ububi emehlweni kaNdikhoyo, emqumbisa.

7Wathatha intsika ka-Ashera awayeyikrolile, wayifaka endlwini kaThixo,
ukanti ke uNdikhoyo wayemyalile uDavide ndawonye noSolomon unyana

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

wakhe, wathi: “Igama lam ndolimisa kude kube ngunaphakade apha kule ndlu eJerusalem, ndawo leyo ndayinyulayo phakathi kwazo zonke izindlu zikaSirayeli.

8Ukuba amaSirayeli abe nenyameko, akwenza konke endiwayalele kona, awuthobela wonke umthetho awawunikwa sisicaka sam uMosis, mna andisoze ndibuye ndiwenze abhadule emke kweli lizwe ndalinika ooyise.”

9Kodwa akaphulaphulanga, kuba uManase wawalahlekisa ngangokuba wada wabalasela ekwenzeni ububi kunezo zizwe wazitshabalalisayo uNdikhoyo phambi kwamaSirayeli.

10UNdikhoyo wathetha ngomlomo wezicaka zakhe abashumayeli, wathi:

11“UManase ukumkani wakwaJuda wenze izono ezilumezayo. Yena ubalasele ekwenzeni okubi kunawo nama-Amori awayelapho ngaphambi kwakhe. Ngale mifanekiso yakhe uJuda umlukuhlele esonweni.

12Ngoko ke uNdikhoyo, uThixo kaSirayeli, utsho ukuthi: ‘Niyabona, iJerusalem ndawonye noJuda ndiza kuyithobela isithwakumbe esiya kubetha zithi nzwii iindlebe zakhe wonke umntu ophulaphuleyo.

13Apha phezu kweJerusalem ndiza kuthoba isohlwayo esifana neso ndayohlwaya ngaso iSamariya kunye nendlu ka-Ahabhi. IJerusalem ndoyitshabalalisa ndiyibhukuqe oku komntu osula isitya aze asiphethule.

14Ndosuka ndiwabukule amasalela alilifa lam; ewe, ndowanikezela ezandleni zeentshaba zawo. Aya kuxhatshazwa abhunculwe ziintshaba zawo.

15Kaloku wona asuke enza okubi emehlweni am, awuxhokonxa umsindo wam, nto leyo ke yenzeka kwamhla bâphuma ooyise eJiputa kude kube namhla.’ ”

16Ngaphezu koko ke uManase waliphalaza gqitha igazi elingenatyala, eqalela kweli cala, athi xhaxhe kweliya icala leJerusalem; nangaphandle kwesono awalukuhlela amaJuda kuso ukuze enze okubi emehlweni kaNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Ke ezinye zeziganeko zolawulo lukaManase, nayo yonke imisebenzi yakhe
ikunye neso sono sakhe, nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaJuda.

18Ke uManase waya kuphumla kooyise, waza wangcwatywa emyezweni
wakhe apho ebhotwe – lowo ke ngumyezo kaUza. Unyana wakhe uAmon
wangena esikhundleni sakhe wangukumkani.

UAmon ukumkani wakwaJuda
(2 Gan 33:21-25)

19Ke kaloku uAmon wayeneminyaka emashumi mabini anambini ezelwe
ukuqala kwakhe ukulawula, waza ke walawula iminyaka emibini eJerusalem.
Unina yayinguMeshulemete intombi kaHaruze eYotebha.

20KwanjengoManase uyise naye wênza okubi emehlweni kaNdikhoyo.

21Yena wahamba ekhondweni likayise, akanxaxha; naye wanqula imifanekiso
yezithixo njengoyise, equbuda kuyo.

22Wasuka wambukula uNdikhoyo uThixo wooyise, akahamba ngendlela
yakhe.

23Ke amaphakathi kakumkani uAmon amenzela iyelenqe, ambulalela kwakhe
ebhotwe.

24Bona ke abantu belo zwe bababulala bonke abo babenzele ukumkani
uAmon iyelenqe, baza babeka unyana wakhe uJosiya wangukumkani
esikhundleni sakhe.

25Ezinye ke iziganeko zolawulo luka-Amon, nemisebenzi yakhe, nâzo
encwadini yeembali zookumkani bakwaJuda.

26Wangcwatyelwa engcwabeni lakhe emyezweni kaUza. Unyana wakhe
uJosiya waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

2 Yookumkani 22

Ukufunyanwa kwencwadi yomthetho
(2 Gan 34:1-2,8-28)

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1UJosiya waqalisa ukulawula eneminyaka esibhozo, waza walawula
eJerusalem iminyaka emashumi mathathu ananye. Unina yayinguYedida
intombi ka-Adaya waseBhozekati.

2Ke yena wênza okuhle emehlweni kaNdikhoyo, ehamba ekhondweni
likayise-mkhulu uDavide, enganxaxhi.

3Ngonyaka wakhe weshumi elinesibhozo ukumkani uJosiya wathumela
unobhala onguShafan unyana ka-Azaliya kaMeshulam endlwini kaNdikhoyo,
wathi kuye:

4“Yiya kumbingeleli omkhulu uHilekiya, utsho alungise laa mali ibiziswe
endlwini kaNdikhoyo, leya ibiqokelelwe ngabagcini-mnyango ebantwini.

5Yitsho bayigcinise kuloo madoda amiselwe ukongamela umsebenzi wendlu
kaThixo. Loo madoda ke wona aze ahlawule abasebenzi abahlaziya indlu
kaNdikhoyo:

6abachweli, abakhi, neengcibi. Kananjalo mabathenge imithi namatye
akroliweyo, ukuze kuhlaziywe indlu kaThixo.

7Kambe ke ze bangenzi nkcukacha yangxelo ngaloo mali isezandleni zabo,
kuba bangabantu abasebenza ngentembeko.”

8UHilekiya umbingeleli omkhulu ke waxelela uShafan unobhala lowo, wathi:
“Apha endlwini kaNdikhoyo ndifumene incwadi yomthetho.” Waza ke
wamnika, ke yena uShafan wayifunda.

9UShafan lowo ke waya kukumkani, waza wamazisa wathi: “Izicaka zakho
ziyikhuphile imali ebisendlwini kaNdikhoyo, zaza zayinikezela kubasebenzi
nakwabo bongamele umsebenzi wokuhlaziywa kwendlu kaThixo.”

10Kananjalo ke unobhala lowo unguShafan wathi kukumkani: “Umbingeleli
uHilekiya undinike incwadi.” Waza ke wayirhola, wayifundela ukumkani
lowo.

11Uthe ke ukumkani akuweva amazwi encwadi leyo yomthetho, suka
wazikrazula izambatho zakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Wamnika lo myalelo, ewubhekisa kumbingeleli uHilekiya, uAhikam unyana
kaShafan, uAkibho unyana kaMikaya, uShafan unobhala, kunye noAsaya
igosa likakumkani, esithi:

13“Hambani niye kuqondisisa kuNdikhoyo egameni lam, nelabantu, noJuda
ephela, nibuzise ngako konke okubhaliweyo kule ncwadi ifunyenweyo.
Awunganganto umsindo kaNdikhoyo ngakuthi ngenxa yoobawo abangazange
bawathobele amazwi ale ncwadi. Ewe, abenzanga ngokufanelekileyo mayela
namazwi athethwa yile ncwadi ngokubhekiselele kuthi.”

14Ke umbingeleli uHilekiya, noAhikam, uAkibho, uShafan, noAsaya, baya
kuthetha nomshumayelikazi uHulda owayengumka-Shalum unyana kaTikiwa
kaHarase, owayengumgcini wegumbi lezambatho. Yena wayehlala kwisithili
sesibini eJerusalem.

15Ke yena wathetha nabo wathi: “Utsho uNdikhoyo uThixo kaSirayeli ukuthi:
‘Mxeleleni loo mntu unithume kum nithi:

16Utsho uNdikhoyo ukuthi: Niyabona, le ndawo ndiza kuyizisela
isithwakumbe kunye nabantu bayo, ngokwamazwi onke abhaliweyo kule
ncwadi ayifundileyo ukumkani wakwaJuda.

17Kaloku bona bandilahlile, basuka benza iziqhumiso, besenzela thixo bambi,
nto leyo iwuxhokonxileyo umsindo wam. Ewe, umsindo wam soze uthothe
mayela neli lizwe; kaloku abantu balo basuke baxabisa imifanekiso abayenze
ngezandla zabo.

18Mxeleleni ukumkani wakwaJuda onithume ukuba nize kubuzisa
kuNdikhoyo nithi: La ngamazwi athethwe nguNdikhoyo uThixo kaSirayeli
ngokunxulumene namazwi owevileyo.

19Ke ngenxa yokuba wena uhlabekile, waza wazithoba kum wakuweva
amazwi endawathethayo ngokubhekiselele kule ndawo nabantu bayo, xa
ndandisithi baqalekisiwe, futhi le ndawo iya kwenziwa ibe yinkangala, wena
ke ngenxa yokuba usuke walila wazikrazula izambatho zakho, mna Ndikhoyo
ndithi ndikuvile.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[20]Ngoko ke ndiya kukubuyisela kooyihlo, ungcwatywe ngoxolo. Awakho amehlo akasayi kusibona isithwakumbe endiza kusithoba phezu kweli lizwe.’ ” Loo mpendulo ke bâya kuyixelela ukumkani.

2 Yookumkani 23

UJosiya uhlaziya umnqophiso

(2 Gan 34:3-7,29-33)

[1]Ke ukumkani uJosiya wawaqokelela onke amadoda amakhulu akwaJuda nawaseJerusalem.

[2]Wahamba waya endlwini kaNdikhoyo kunye namadoda akwaJuda, nabantu baseJerusalem, ababingeleli nabashumayeli. Ewe, waqokelela umntu wonke, eqalela komncinci aye komdala. Wabafundela onke amazwi encwadi yomnqophiso, leyo yayifunyenwe endlwini kaNdikhoyo.

[3]Ukumkani wema ngasentsikeni, wawuhlaziya umnqophiso kunye noNdikhoyo, ethembisa ukulandela uNdikhoyo, ayithobele imiyalelo, imiqathango, nemimiselo yakhe, oko ekwenza ngomxhelo wakhe wonke, ngokwamazwi aloo mnqophiso wawubhalwe apho encwadini. Nabantu ke bathembisa bazibophelela apho emnqophisweni.

[4]Ukumkani wayalela umbingeleli omkhulu uHilekiya, nababingeleli abanganeno kwakhe, nabagcini-mnyango, ukuba bazisuse apho endlwini kaNdikhoyo zonke izinto ezazenzelwe uBhali noAshera neenkwenkwezi. Zonke ezo zinto wazitshisela ngaphandle kweJerusalem kwezo ntili zeKedron; ke lona uthuthu waluthatha walusa eBhetele.

[5]Wabadenda abo babingeleli banqula izithixo, abo babemiselwe ngookumkani bakwaJuda ukuze benze iziqhumiso kwiindawo eziphakamileyo zonqulo kwiidolophu zakwaJuda, nakwezo zingqonge iJerusalem. Abo ke babesenzela uBhali iziqhumiso, besenzela ilanga, inyanga, nazo zonke iinkwenkwezi ezisesibhaka-bhakeni.

© 1996 Bible Society of South Africa.

6Intsika ka-Ashera wayincothula endlwini kaNdikhoyo, wayisa kwintili
yeKedron ngaphandle kweJerusalem, wayitshisela khona. Wayisila yaluthuli,
waza olo thuli lwayo walusarhaza phezu kwamangcwaba abantu.

7Wawachitha amagumbi awayehlala amahenyu apho endlwini kaNdikhoyo,
apho abafazi babezalukela khona iimpahla zika-Ashera.

8UJosiya wabaqokelela bonke ababingeleli kwiidolophu zakwaJuda, waza
wazibhangisa iindawo eziphakamileyo zonqulo, eqalela eGebha, wathi
xhaxhe ngeBheshebha, ndawo ezo babeqhumisa kuzo ababingeleli abo.
Wazidiliza izibingelelo emasangweni phaya, ekungeneni kwisango
likaYoshuwa unolali elingasekhohlo kwisango lesixeko.

9Nangona ababingeleli beendawo eziphakamileyo zonqulo babengasebenzi
kwiqonga likaNdikhoyo eJerusalem, kodwa babesitya isonka
esinganyuswanga kunye noogxa babo abangababingeleli.

10UJosiya wayibhangisa iTofeti eyayikwintili yeBhen-hinom, ukuze ingabi
sasetyenziselwa ukwenzela uMoleki amadini ngabantwana.

11Apho esangweni elingena endlwini kaNdikhoyo wawasusa loo mahashe
ayenikezelwe ngookumkani bakwaJuda elangeni. Ayesenkundleni
ngakwigumbi legosa ekwakuthiwa nguNatan-meleki. Neenqwelo
ezazinikezelwe kwilanga wazitshisa.

12Wawadiliza amaqonga awayakhiwe ngookumkani bakwaJuda ngaphezu
kwegumbi eliphezulu lika-Ahazi, kunye naloo maqonga wawakhayo uManase
kwiinkundla zombini zendlu kaNdikhoyo. Ewe, wawasusa wawadiliza
ayimvuthuluka yenkunkuma awayiphosa kwintili yeKedron.

13Ke kaloku ukumkani wazixabhela neendawo eziphakamileyo zonqulo
ezazikwimpuma yeJerusalem, ngezantsi kwenduli yomonakalo, ezo uSolomon
ukumkani wamaSirayeli wayezakhele uAshtoreti isikizi lesithixokazi
samaSidon, neendawo eziphakamileyo zonqulo zikaKemoshe, isikizi lesithixo
samaMowabhi, nesikaMilikom isikizi lesithixo sama-Amon.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14UJosiya wazaphula iintsika zamatye, waza wazigawula iintsika zika-Ashera,
waza ezo ndawo zazo wazigquma ngamathambo abantu.

15Walidiliza neqonga eliseBhetele, loo ndawo yonqulo yayenziwe
nguJerobhowam unyana kaNebhati, lowo walukuhlela amaSirayeli esonweni,
konke nje wakutshabalalisa, loo ndawo yonqulo wayitshisa wayisila
yaluthuli, ngokunjalo nentsika ka-Ashera wayitshisa.

16UJosiya wakhangela ngapha nangapha waza wabona amangcwaba
awayelapho kwelo thambeka, wathi makakhutshwe kuwo amathambo, waza
wawatshisela eqongeni ukulixabhela ngokwelizwi likaNdikhoyo elavakaliswa
ngumfo wakwaThixo owazixelayo kwangaphambili ezo zinto.

17Ukumkani wathi: “Elaa litye lengcwaba ndilibonayo lelikabani?” Amadoda
eso sixeko athi kuye: “Eliya lingcwaba lomfo wakwaThixo owayevela
kwaJuda, waza waxela ezi zinto uzenzileyo mayela neli qonga laseBhetele.”

18Wathi: “Liyekeni ke; makungaze kubekho mntu uwachukumisayo
amathambo akhe.” Ngoko ke bawayeka amathambo akhe kunye nalawo
omshumayeli owayevela eSamariya.

19Kwanjengoko wenzayo eBhetele uJosiya wazisusa wazixabela zonke
izibingelelo ezindaweni eziphakamileyo zonqulo, ezo zazakhiwe
ngookumkani bakwaSirayeli kwiidolophu zaseSamariya, nto leyo
eyawuxhokonxayo umsindo kaNdikhoyo.

20UJosiya wababulalela apho emaqongeni bonke ababingeleli bezo ndawo
zonqulo, watshisa amathambo omntu kuloo maqonga. Waza ke wabuyela
eJerusalem.

UJosiya umisela iPasika kwakhona
(2 Gan 35:1-19)

21Ke kaloku ukumkani wabanika umyalalelo bonke abantu othi: “Yenzani
iPasika kaNdikhoyo uThixo wenu njengoko kubhaliweyo kule ncwadi
yomnqophiso.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22IPasika le ke yayingazange yenziwa, kwaukususela kwimihla yeenkokheli
ezazikhokela uSirayeli, ingazange yenziwa nakwimihla yookumkani
bakwaSirayeli, ngokunjalo nakweyâbo bakwaJuda.

23Kambe ke ngonyaka weshumi elinesibhozo kakumkani uJosiya
yabhiyozelwa iPasika kaNdikhoyo eJerusalem.

Eminye imisebenzi kaJosiya

24Ngaphezu koko ke uJosiya wazibhangisa zonke izangoma namagqirha, nayo
yonke imilonde-khaya nemifanekiso ezizithixo, nazo zonke izinto
ezingamasikizi ezazifumaneka ezweni lakwaJuda naseJerusalem. Yonke ke
loo nto wayenza efezekisa imiqathango yomthetho eyayibhalwe kuloo ncwadi
yayifunyenwe ngumbingeleli uHilekiya endlwini kaNdikhoyo.

25Ngaphambili nasemva kwakhe uJosiya wayengazange abekho,
engaphindanga wakhona, ukumkani owayezinikezele kuNdikhoyo njengaye,
loo nto eyenza ngomxhelo wakhe uphela, nangamandla akhe, njengoko
usitsho umthetho kaMosis.

26Nakuba kunjalo ke kodwa, yena uNdikhoyo akajikanga kwingcwangu
yomsindo wakhe owawuvutha ngakuJuda, ngenxa yezinto awayemxhokonxe
ngazo uManase.

27Ngoko ke uNdikhoyo wathi: “Ndiza kumgxotha phambi kwam uJuda
kwanjengoko ndenzayo kuSirayeli; ewe, ndoyibukula iJerusalem, isixeko
endasinyulayo, nditsho nkqu nayo le ndlu endandithethe ngayo ndathi:
‘Lohlala kuyo igama lam.’ ”

28Ke zona ezinye zeziganeko zolawulo lukaJosiya, nayo yonke imizabalazo
yakhe, nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaJuda.

Ukufa kukaJosiya
(2 Gan 35:20-27)

29Ke kaloku ngaloo mihla kakumkani uJosiya ukumkani waseJiputa
uNeko wanyuka waya kuncedisa ukumkani waseAsiriya ngakumlambo

© 1996 Bible Society of South Africa.

iEfrati. Ukumkani uJosiya waphuma nomkhosi wakhe wamhlangabeza. Kodwa ke uNeko lowo wagagana naye eMegido, wamosela wafa.

30Ke amaphakathi akhe awuthatha umzimba kaJosiya apho eMegido, awuthwala ngenqwelo, aya nawo eJerusalem, afika amfaka engcwabeni lakhe. Abemi belizwe ke bathatha uYowahazi unyana kaJosiya, bamthambisa bammisela wangukumkani esikhundleni sikayise.

UYowahazi ukumkani wakwaJuda
(2 Gan 36:2-4)

31Ukuqala kwakhe ukulawula uYowahazi wayeneminyaka emashumi mabini anantathu, walawula apho eJerusalem iinyanga zantathu. Unina yayinguHamutali intombi kaJeremiya okhaya laliseLibhena.

32Naye wathatha ikhondo looyise-mkhulu ngokwenza okubi emehlweni kaNdikhoyo.

33Ukumkani waseJiputa uNeko wamkhonkxa ngamatyathanga eRibhela, umhlaba waseHamati, waza ke akabi nako ukulawula apho eJerusalem. Kananjalo uJuda wammisela irhafu yeekhilogram zesiliva ezimawaka mathathu makhulu mane, kunye neekhilogram zegolide ezimashumi mathathu anane.

34Ke kaloku ukumkani waseJiputa uNeko lowo wathatha unyana kaJosiya uEliyakim wammisela wangukumkani esikhundleni sikayise, igama lakhe elo walijika wathi nguJoyakim. Ke yena uYowahazi wamfudusela eJiputa, apho wafela khona.

35UJoyakim wayeyikhupha loo siliva naloo golide yayimiselwe ngukumkani waseJiputa. Loo mrhumo ke wawukhupha ngokurhafisa abantu belizwe lakhe, bekhupha isiliva negolide ngokwezinto abanazo.

UJoyakim ukumkani wakwaJuda
(2 Gan 36:5-8)

36UJoyakim waqalisa ukulawula eneminyaka emashumi mabini anantlanu, waza ke walawula eJerusalem iminyaka elishumi elinanye. Unina yayinguZebhida intombi kaPedaya waseRuma.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

37Wênza okubi emehlweni kaNdikhoyo; naye wathatha ikhondo looyise-
mkhulu.

2 Yookumkani 24

1Ngexesha lolawulo lukaJoyakim, ukumkani uNebhukadenezare
waseBhabheli walihlasela elakwaJuda, waza uJoyakim waba phantsi kwakhe
iminyaka emithathu. Phofu ke uJoyakim wabuya wamvukela
uNebhukadenezare lowo.

2Kambe ke uNdikhoyo wamthumelela ngeentshaba ezamhlaselayo,
ingamaKaledi, nama-Aram,namaMowabhi, nama-Amon. Ezo ntshaba zazikho
ukuze zimtshabalalise uJuda, ngokwelizwi likaNdikhoyo elavakaliswa
zizicaka zakhe abashumayeli.

3Ewe, ezi zinto uJuda zamhlela ngokomyalelo kaNdikhoyo, ukuze amgxothe
phambi kwakhe ngenxa yezono nazo zonke izenzo ezazenziwe nguManase,

4ndawonye nelo gazi limsulwa waliphalazayo. Kaloku iJerusalem wayizalisa
ngegazi labamsulwa, ngoko ke uNdikhoyo wayengazimiselanga ukumxolela.

5Ke ezinye zeziganeko zolawulo lukaJoyakim, kunye nemisebenzi yakhe nâzo
encwadini yeembali zookumkani bakwaJuda.

6UJoyakim waya kuphumla kooyise. Esikhundleni sakhe kwangena unyana
wakhe uJoyakin.

7Ukumkani waseJiputa akaphindanga aphume elizweni lakhe aye kuhlasela,
kuba kaloku ukumkani waseBhabheli wawuthatha wonke umhlaba wakhe
ukuqalela kumda waseJiputa kuye kuthi xhaxhe ngomlambo iEfrati.

UJoyakin ukumkani wakwaJuda
(2 Gan 36:9-10)

8UJoyakin waqala ukulawula eneminyaka elishumi elinesibhozo, waza
walawula eJerusalem iinyanga ezintathu. Unina yayinguNehushta intombi
kaElinatan waseJerusalem.

9Wênza okubi emehlweni kaNdikhoyo kwanjengooyise.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Ngelo xesha ke iingqwayi-ngqwayi zomkhosi zikakumkani uNebhukadenezare waseBhabheli zahlasela iJerusalem zayingqinga,

11waza ke nokumkani uNebhukadenezare weza ngokwakhe apho eJerusalem, ngoko ingqingiweyo ngumkhosi wakhe.

12Ke ukumkani wakwaJuda uJoyakin kunye nonina, nezicaka zakhe, izikhulu namagosa akhe, bebonke bazinikezela kukumkani waseBhabheli. Ke kaloku kwathi kunyaka wesibhozo elawula ukumkani waseBhabheli wamthimba walibanjwa uJoyakin.

13Ke kaloku ngokomlomo kaNdikhoyo uNebhukadenezare wabufudusa bonke ubutyebi endlwini kaNdikhoyo nakoovimba basebhotwe, wazinqunqa zonke ezo zinto zegolide ezazenzelwe indlu kaNdikhoyo ngukumkani uSolomon wakwaSirayeli.

14Xa iyonke iJerusalem wayithimba: onke amaphakathi namadoda omkhosi, iingcibi namagcisa, bebonke yayilishumi lamawaka. Kuphela kwasala abona bantu bangamahlwempu kwaJuda.

15UNebhukadenezare wathimba uJoyakin waya naye eBhabheli.Kananjalo wafudusela apho eBhabheli unina kakumkani, nabafazi bakakumkani, namagosa akhe, kunye namadoda aphambili elizweni.

16Waya nawo eBhabheli wonke umkhosi – amawaka asixhenxe amadoda, nditsho amagorha, izinto ezilindele umayenzeke – kunye newaka leengcibi namagcisa.

17Ke ukumkani waseBhabheli wamisela uMataniya uyisekazi kaJoyakin wangukumkani esikhundleni sikaJoyakin. Igama lakhe elo lona walijika wathi nguZedekiya.

UZedekiya ukumkani wakwaJuda

(2 Gan 36:11-12; Jer 52:1-3a)

18Ukuqala kwakhe ukuba ngukumkani uZedekiya wayeneminyaka emashumi mabini ananye, waza ke walawula eJerusalem iminyaka elishumi elinanye. Unina yayinguHamutali intombi kaJeremiya waseLibhena.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19KwanjengoJoyakim naye wenza ububi emehlweni kaNdikhoyo.

20Kungenxa yengqumbo kaNdikhoyo ukuba uJuda neJerusalem bahlelwe yile ntlekele, bade ekugqibeleni ke bagxothwa phambi kwakhe.

Ukuwa kweJerusalem
(2 Gan 36:13-21; Jer 52:3b-11)

UZedekiya wavukelana nokumkani waseBhabheli.

2 Yookumkani 25

1Ngoko ke kwathi kunyaka wethoba wolawulo lukaZedekiya, ngomhla weshumi wenyanga yeshumi, ukumkani waseBhabheli uNebhukadenezare wagaleleka eJerusalem nomkhosi wakhe uphela. Wamisa ngaphandle kwesixeko, wasingqinga ngokusakhela udonga.

2Sahlala singqingiwe njalo ke isixeko eso yada yangunyaka weshumi elinanye kakumkani uZedekiya.

3Kwathi ngomhla wethoba kwinyanga yesine yabe indlala ibhokile apho esixekweni, kangangokuba abantu baphelelwa kukutya.

4Ke kaloku wonke umkhosi watyhoboza apho eludongeni ngobusuku, wasaba uphuma ngesango eliphakathi kwezo ndonga zimbini ngakumyezo kakumkani, nakuba wona amaKaledi ayesingqingile isixeko. Wabalekela ngakwintili yeJordan.

5Kambe ke umkhosi wamaKaledi wasukelisa, waza wambamba uZedekiya nomkhosi wakhe xa asezinkqantosini zaseJeriko. Wahlukaniswa nomkhosi lowo, wona wasarhaka,

6waza yena wathinjwa. Wathathwa wasiwa eRibhela kukumkani waseBhabheli, apho wagwetywa khona.

7Oonyana bakhe uZedekiya babulawa ekhangele. Yena uZedekiya bamtyhaphaza amehlo, baza bamkhonkxa ngamatyathanga obhedu, baya naye eBhabheli.

Ukudilizwa kweJerusalem
(Jer 52:12-23)

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Ke kaloku kwathi ngomhla wesixhenxe wenyanga yesihlanu kunyaka weshumi elinethoba kakumkani waseBhabheli uNebhukadenezare ingqwayi-ngqwayi yabalindi uNebhuzaradan eyayiliphakathi likakumkani waseBhabheli yagaleleka eJerusalem.

9Indlu kaNdikhoyo wayintumeka umlilo, yatsha kunye nebhotwe ngokwalo, nazo zonke izakhiwo zaseJerusalem. Zonke izakhiwo ezibalulekileyo wazitshisa.

10Wonke loo mkhosi waseBhabheli phantsi kwaloo ngqwayi-ngqwayi yabalindi basebhotwe walungenela waludiliza lonke udonga olwalujikeleze iJerusalem.

11UNebhuzaradan lowo wababamba wabathimba abantu ababesekhona apho esixekweni, ndawonye namagcisa kwakunye nâbo babesebewelele ngakumaBhabheli.

12Kambe ke ingqwayi-ngqwayi leyo yabashiya abantu abahleleleke kakhulu, ukuze basebenze amasimi nezidiliya.

13AmaBhabheli azaphula iintsika zobhedu kwakunye neenqwelo, nechibi lobhedu, zinto ezo zazisendlwini kaNdikhoyo, aza aluthatha lona ubhedu olo, aya nalo eBhabheli.

14Azithatha neembiza, iifotsholo, izikhwezeli-zibane, namacephe, nazo zonke izinto ezenziwe ngobhedu ezazisetyenziswa apho endlwini kaThixo.

15Ewe, ingqwayi-ngqwayi leyo yazithatha neepani zesiqhumiso, kunye nezitya zokufefa, nayo yonke into eyayenziwe ngegolide okanye isiliva.

16Ubhedu olwafumaneka kwezo ntsika zimbini, kwelo chibi, nakwezo nqwelo – zinto ezo ezazenzelwe indlu kaNdikhoyo nguSolomon – lwalungenamlinganiso ngenxa yobuninzi.

17Intsika nganye kwezo zimbini zobhedu yayiziimitha ezisibhozo ukuphakama, intloko elubhedu iyimitha enesithathu ukuphakama. Intloko

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

nganye yayihonjiswe jikelele ngomnatha wobhedu nangeerharnati zobhedu. Ewe, zombini zazifana, nditsho zinomnatha zinjalo.

Abantu bakwaJuda basiwa eBhabheli
(Jer 52:24-27)

18Loo ngqwayi-ngqwayi yabalindi yamthimba umbingeleli omkhulu uSeraya, kunye nombingeleli onganeno kwakhe uZefaniya, nabagcini-mnyango abathathu.

19Kwabaseleyo apho esixekweni yathatha umphathi womkhosi kunye nesihlanu sabacebisi basebhotwe. Yamthatha nonobhala owayeligosa eliyintloko elihlela abomkhosi, kunye namahlakani akhe angamashumi amathandathu, bantu abo babeselapho esixekweni.

20Bonke ke uNebhuzaradan wabathatha waya nabo kukumkani waseBhabheli eRibhela.

21Khona apho eRibhela kwelaseHamati ukumkani lowo wathi mababulawe. Ngaloo ndlela ke amaJuda afuduselwa ekuthinjweni, kude lee nelizwe lakowawo.

UGedaliya umlawuli kwaJuda
(Jer 40:7-9; 41:1-3)

22Ukumkani waseBhabheli uNebhukadenezare wamisela uGedaliya unyana ka-Ahikam unyana kaShafan wangumlawuli wâbo bantu wabashiyayo kwelakwaJuda.

23Ke amagosa omkhosi neqela lawo athi akuva ukuba ukumkani waseBhabheli umisele uGedaliya ukuba abe ngumlawuli, asuka aya kuye uGedaliya eMizpa: uIshmayeli unyana kaNetaniya, uYohanan unyana kaKareya, uSeraya unyana kaTanumente umNetofa, noYazaniya unyana kaMahakati, bekunye neqela labo.

24Ke uGedaliya wawaqinisekisa loo madoda efunga esithi: “Musani ukuba naxhala niwoyike amagosa aseBhabheli. Kuphela nina hlalani phantsi nizinze kweli lizwe, nibuse ukumkani waseBhabheli; konke ke konilungela.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

25Kambe ke kwathi ngenyanga yesixhenxe wasuka uIshmayeli unyana kaNetaniya kaElishama, owayengumntwana wegazi, weza neshumi lamadoda, bambulala uGedaliya kunye namadoda akwaJuda namaBhabheli awayekunye naye eMizpa.

26Ngenxa yesi sihelegu ke bonke abantu, kuqalela komdala kuye komncinci bekunye namagosa omkhosi, bathi ngokoyika amaBhabheli basaba baya kwelaseJiputa.

Ukukhululwa kukaJoyakin
(Jer 52:31-34)

27Ke kaloku kwathi ngonyaka wamashumi amathathu anesixhenxe wathinjwayo uJoyakin ukumkani wakwaJuda, nyaka lowo waqala ngawo ukulawula uEvili-merodaki ukumkani waseBhabheli, wasuka wamkhulula uJoyakin entolongweni. Loo nto ke yenzeka ngomhla wamashumi mabini anesixhenxe kwinyanga yeshumi elinambini.

28Wathetha naye ngobulali, wamnika isihlalo sembeko esingaphezu kwezo zabanye ookumkani awayenabo apho eBhabheli.

29Ngoko ke uJoyakin wazikhulula iimpahla zasentolongweni, waza wasoloko esesithebeni sokumkani lonke ixesha lobomi bakhe.

30Ukumkani lowo ke wathi rhoqo wamxhasa ngokutya uJoyakin, loo nto eyenza imihla ngemihla ngabo bonke ubomi bukaJoyakin.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1 Yeziganeko

1 Yeziganeko 1

Inzala ka-Adam kude kuye kuma kuAbraham
(ZiQalo 5:1-32; 10:1-32; 11:10-26)

1UAdam wazala uSeti, uSeti wazala uEnoshe,

2uEnoshe wazala uKenan, uKenan wazala uMahalaleli, uMahalaleli wazala uJerede,

3uJerede wazala uInoki, uInoki wazala uMethusela, uMethusela wazala uLameki, uLameki wazala uNowa.

4Ke uNowa wazala uShem noHam noYafete.

5Oonyana bakaYafete nguGomere, noMagogi, noMadayi, noJavan, noTubhali, noMesheki, noTirasi.

6Oonyana bakaGomere nguAshekenazi, noRifati, noTogarma.

7Oonyana bakaJavan: nguElisha, noTashishe, namaKiti, namaRoda.

8Naba oonyana bakaHam: nguKushe, noMizerayim, noPuti,noKanana.

9Oonyana bakaKushe nguSebha, noHavila, noSabheta, noRama, noSabheteka. Oonyana bakaRama nguShebha noDedan.

10Ke uKushe wazala uNimrodi owaba ligorha lokuqala emhlabeni.

11Nasi isizukulwana sikaMizerayim: ngamaLudi, nama-Anam, namaLehabhi, namaNafetuyi,

12namaPatrusi, namaKaseluyi (apho kwaphuma khona amaFilistiya), namaKafto.

13UKanana wazala uSidon owamazibulo, noHeti,

14kunye namaJebhusi, nama-Amori, namaGirgashi,

15namaHivi, nama-Areki, namaSini,

16nama-Arvadi, namaZemari, namaHamati.

© 1996 Bible Society of South Africa.

17Oonyana bakaShem nguElam, noAsuri, noArpakishadi, noLudi, noAram, noUzu, noHuli, noGetere, noMesheki.

18UArpakishadi wazala uShela, uShela wazala uHebhere.

19UHebhere wayenoonyana ababini. Inkulu yabizwa ngokuba nguPelege, ngokuba ngemihla yakhe bahluka-hlukana abemi bomhlaba. Yona inci yayinguJoketan.

20Oonyana bakaJoketan nguAlemodadi, noShelefe, noHazare-mavete, noJera,

21noHadoram, noUzali, noDikela,

22noEbhali, noAbhimayeli, noShebha,

23no-Ofire, noHavila, noJobhabhi. Yonke le ke yinzala kaJoketan.

24Nanku umlibo kaShem: UShem wazala uArpakishadi, uArpakishadi wazala uShela,

25uShela wazala uHebhere, uHebhere wazala uPelege, uPelege wazala uRewu,

26uRewu wazala uSerugi, uSerugi wazala uNahore, uNahore wazala uTera,

27uTera wazala uAbram, lo ukwabizwa ngokuba nguAbraham.

Inzala kaIshmayeli
(ZiQalo 25:12-16)

28Oonyana baka-Abraham nguIsake noIshmayeli.

29Nantsi inzala yabo: owamazibulo kuIshmayeli nguNebhayoti, ibe nguKedare, noAdebhele, noMibhesam,

30noMishma, noDuma, noMasa, noHadadi, noTema,

31noJeture, noNafishi, noKedema. Yinzala kaIshmayeli ke leyo.

32UAbraham wayeneqadi uKetura owazala oonyana abanguZimran, noYokeshan, noMedan, noMidiyan, noIshbhaki, noShuwa. Oonyana bakaYokeshan nguShebha noDedan.

© 1996 Bible Society of South Africa.

33Oonyana bakaMidiyan nguHefa, noEfere, noHanoki, noAbhida, noElda. Bonke abo ngoonyana bakaKetura.

Inzala kaEsawu
(ZiQalo 36:1-19)

34UAbraham wazala uIsake. Oonyana bakaIsake nguEsawu noSirayeli.

35Oonyana bakaEsawu nguElifazi, noRuweli, noJewushe, noJalam, noKora.

36Oonyana bakaElifazi nguTeman, no-Oma, noZefi, noGatam, noKenazi, noTimna, noAmaleki.

37Oonyana bakaRuweli nguNahati, noZera, noShama, noMiza.

Abantwana bomthonyama base-Edom
(ZiQalo 36:20-30)

38Oonyana bakaSeyire nguLotan, noShobhali, noZibheyon, noAna, noDishon, noEzere, noDishan.

39Oonyana bakaLotan nguHori noHomam. Udade boLotan nguTimna.

40Oonyana bakaShobhali nguAliyana, noManahati, noEbhali, noShefi, no-Onam. Oonyana bakaZibheyon nguAya noAna.

41Unyana ka-Ana nguDishon. Oonyana bakaDishon nguHamran, noEshbhan, noItran, noKeran.

42Oonyana bakaEzere nguBhilehan, noZavan, noYakane. Oonyana bakaDishan ngu-Uze noAran.

Ookumkani bakwaEdom
(ZiQalo 36:31-43)

43Naba ookumkani ababelawula ezweni lakwaEdom phambi kokuba kwaSirayeli kubekho ukumkani olawulayo: NguBhela unyana kaBhehore, okomkhulu laliyiDinabha.

44Akufa uBhela kwangena esikhundleni sakhe uJobhabhi unyana kaZera waseBhozera.

45Akufa uJobhabhi kwangena esikhundleni sakhe uHusham wakummandla wakwaTeman.

© 1996 Bible Society of South Africa.

46Akufa uHusham kwangena esikhundleni sakhe uHadadi unyana kaBhedadi,
owawachitha edabini amaMidiyan kwelamaMowabhi, okomkhulu
laliyiHaviti.

47Akufa uHadadi kwangena esikhundleni sakhe uSamla waseMasereka.

48Akufa uSamla kwangena esikhundleni sakhe uShawule waseRehobhoti
phezu komlambo iEfrati.

49Akufa uShawule kwangena esikhundleni sakhe uBhali-hanani unyana ka-
Akibho.

50Akufa uBhali-hanani kwangena esikhundleni sakhe uHadadi okomkhulu
laliyiPawu, omkakhe wayenguMetabheli intombi kaMatredi intombi
kaMezabhi.

51Akufa uHadadi yaba zezi izikhulu zakwaEdom: uTimna, uAleva, uYetete,

52uHolibhama, uEla, uPinon,

53uKenazi, uTeman, uMibheza,

54uMagediyeli, noIram. Zizo ezo izikhulu zakwaEdom.

1 Yeziganeko 2

Inzala kaYakobi

1Naba oonyana bakaSirayeli: nguRubhen, uSimon, uLevi, uJuda, uIsakare,
uZebhulon,

2uDan, uJosefu, uBhenjamin, uNafetali, uGadi, noAshere.

Inzala kaJuda

3Oonyana bakaJuda nguEre, no-Onan, noShela, oonyana abathathu abazelwe
ngumKananakazi uBhashuwa. Ke uEre, amazibulo kaJuda, zange amkholise
uNdikhoyo, waza wambulala.

4UTamare, umolokazana kaJuda, wamzalela uPerezi noZera. Bebonke ke
oonyana bakhe babebahlanu.

5Oonyana bakaPerezi nguHezeron noHamuli.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6Oonyana bakaZera nguZimri, noEtan, noHeman, noKalkoli, noDara. Bebonke babebahlanu.

7Unyana kaKarmi nguAkana, lowo wawahlisela inkathazo amaSirayeli, wenza ubuqhophololo ngokuwathathela kuye amaxhoba awayefanele ukutshatyalaliswa.

8Unyana kaEtan nguAzariya.

Umlibo kaDavide

9Oonyana bakaHezeron nguJerameli, noRam, noKelubhayi.

10URam wazala uAminadabhi, uAminadabhi wazala uNashon, inkulu yamaJuda.

11UNashon wazala uSalma, uSalma wazala uBhowazi,

12uBhowazi wazala uObhede, uObhede wazala uJese.

13Naba oonyana abasixhenxe bakaJese ngokuzana kwabo: uEliyabhi, uAbhinadabhi, uShimeha,

14uNataniyeli, uRadayi,

15uOzem, noDavide.

16Oodade babo yayinguZeruya noAbhigeli. UZeruya wayenoonyana abathathu: uAbhishayi, uJowabhi, noAsayeli.

17UAbhigeli wazala uAmasa; uyise ka-Amasa nguYetere umIshmayeli.

Inzala kaHezeron

18Unyana kaHezeron uKalebhi wazalelwa intombi enguJerihoti ngumkakhe uAzubha, waza wazala oonyana abanguYeshere, noShobhabhi, noArdon.

19Akusweleka uAzubha uKalebhi wathatha uEfrati owazala uYuri.

20UYuri wazala u-Uri, u-Uri wazala uBhezaleli.

21Emva koko, xa uHezeron wayeminyaka imashumi mathandathu, wathatha intombi kaMakire uyise kaGiliyadi, eyamzalela uSegubhi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

22USegubhi wazala uJayire owayenemizi engamashumi amabini anantathu ezweni laseGiliyadi.

23Ke uGeshuri noAram bathimba iHavoti-yayire kunye neKenati namaphandle azo, iilali ezingamashumi amathandathu zizonke. Bonke aba bantu babeyinzala kaMakire uyise kaGiliyadi.

24Emva kokusweleka kukaHezeron eKalebhi yase-Efrata, umka-Hezeron uAbhiya wamzalela uAshure ukhokho weTekowa.

Inzala kaJerameli

25Oonyana bakaJerameli, amazibulo kaHezeron, nguRam owamazibulo, noBhuna, no-Oren, no-Ozem, noAhiya.

26UJerameli ebenomnye umfazi ogama linguAtara, owayengunina kaOnam.

27Oonyana bakaRam, amazibulo kaJerameli, nguMazi, noTamin, noEkere.

28Oonyana bakaOnam nguShamayi noYada. Oonyana bakaShamayi nguNadabhi noAbhishure.

29Umka-Abhishure nguAbhihayili owazala uAbhan noMolidi.

30Oonyana bakaNadabhi nguSelede noApayim. USelede wafa engenamntwana.

31Unyana ka-Apayim nguIshi, uyise kaSheshan owazala uAlayi.

32Oonyana bakaYada, umntakwabo-Shamayi, nguYetere noJonatan. UYetere wafa engenamntwana.

33Oonyana bakaJonatan nguPelete noZaza. Bonke aba ke yinzala kaJerameli.

34USheshan ebengenanyana; ibiziintombi zodwa. Ebenesicaka esingumJiputa esigama linguYar-ha.

35Ke uSheshan wendisela intombi yakhe kwisicaka sakhe uYar-ha yaza yazala uAtayi.

36UAtayi wazala uNatan, uNatan wazala uZabhadi,

37uZabhadi wazala uEflali, uEflali wazala uObhedi,

© 1996 Bible Society of South Africa.

38uObhedi wazala uYehu, uYehu wazala uAzariya,

39uAzariya wazala uHeleze, uHeleze wazala uElasa,

40uElasa wazala uSisamayi, uSisamayi wazala uShalum,

41uShalum wazala uYekamiya, uYekamiya wazala uElishama.

Inzala kaKalebhi

42Amazibulo kaKalebhi, umntakwabo-Jerameli, nguMesa. UMesa wazala uZifi, uZifi wazala uMaresha, ukhokho weHebron.

43Oonyana bakaHebron nguKora, noTapuwa, noRekem, noShema.

44UShema wazala uRaham, uyise kaYokeham. URekem yena wazala uShamayi.

45UShamayi wazala uMahon, ukhokho weBhete-zure.

46UKalebhi wayeneqadi elinguHefa elazala uHaran, noMoza, noGazeze. UHaran wazala uGazeze.

(47Oonyana bakaYadayi nguRegem, noJotam, noGeshan, noPelete, noHefa, noShahafe.)

48UKalebhi wayenelinye iqadi elinguMahaka elazala uShebhere noTirana.

49Liphinde lazala uShahafe, ukhokho weMademana, noSheva, ukhokho weMakebhena neGibheya. Intombi kaKalebhi nguAkesa.

50Naba balandelayo bakwayinzala kaKalebhi: Oonyana bakaYuri, amazibulo kaEfrata, nguShobhali ukhokho weKiriyati-yarim.

51Ubuye wazala uSalma ukhokho weBhetelehem, waza wazala noHarete ukhokho weBhete-gadere.

52Inzala kaShobhali, ukhokho weKiriyati-yarim, ngabantu baseHarowe necandelo labantu baseManati,

53kwakunye nezindlu zaseKiriyati-yarim ezingamaItri, amaPuti, amaShumati, namaMisherayi. Aphuma apha amaZorati namaEshtawoli.

© 1996 Bible Society of South Africa.

54Inzala kaSalma ngabantu baseBhetelehem, nabaseNetofa, nabaseAterotibhete-jowabhi, nelinye icandelo labantu baseManati amaZori.

55Ukwangukhokho wezindlu zababhali ababehlala eYabheze: amaTira, amaShimeya, namaSuka. La ngamaKeni ayinzala kaHamati ukhokho weBhete-rekabhi.

1 Yeziganeko 3

Oonyana bakaDavide

1Naba oonyana abathandathu bakaDavide abazalelwa eHebron ngokuzana kwabo: uAmnon onina inguAhinowam waseYizereli; uDaniyeli onina inguAbhigeli waseKarmele;

2uAbhasalom ozalwa nguMahaka, intombi kaTalmayi ukumkani waseGeshuri; uAdoniya ozalwa nguHagiti;

3uShefatiya onina inguAbhitali; noItram onina inguEgla.

4Bobathandathu aba bazalelwa eHebron, apho uDavide wayelawula khona iminyaka esixhenxe eneenyanga ezintandathu. Emva koko uDavide waba neminyaka emashumi mathathu anantathu elawula eJerusalem

5apho wazala oonyana abaninzi khona. Umkakhe uBhashebha intombi ka-Amiyeli wazala uShimeya, noShobhabhi, noNatan, noSolomon.

6Abanye nguIbhare, uElishuwa, uElifelete,

7uNoga, uNifege, uYafiya,

8uElishama, uEliyada, noElifelete, belithoba bebonke.

9Aba ke ngoonyana bakaDavide, ngaphandle kwabo bamaqadi. Udade wabo nguTamare.

Ookumkani bakwaJuda

10Unyana kaSolomon nguRewobhowam; unyana kaRewobhowam nguAbhiya; unyana ka-Abhiya nguAsa; unyana ka-Asa nguYoshafati;

© 1996 Bible Society of South Africa.

11unyana kaYoshafati nguYoram; unyana kaYoram nguAhaziya; unyana ka-
Ahaziya nguYowashe;

12unyana kaYowashe nguAmaziya; unyana ka-Amaziya nguAzariya; unyana
ka-Azariya nguYotam;

13unyana kaYotam nguAhazi; unyana ka-Ahazi nguHezekiya; unyana
kaHezekiya nguManase;

14unyana kaManase nguAmon; unyana ka-Amon nguYosiya.

15Oonyana abane bakaYosiya ngokuzana kwabo nguYohanan, uJoyakim,
uZedekiya, noShalum.

16Abangene ezihlangwini zikaJoyakim ngunyana wakhe uJoyakin yaza yaba
nguZedekiya.

Inzala kaJoyakin

17Nantsi inzala kaJoyakin owathinjwayo: Oonyana bakaJoyakin
nguShelatiyeli,

18noMalkiram, noPedaya, noShenazare, noYekamiya, noHoshama,
noNedabhiya.

19Oonyana bakaPedaya nguZerubhabheli noShimeyi. Oonyana
bakaZerubhabheli ngooMeshulam, noHananiya, benodade wabo uShelomiti,

20kwakunye nesinye isihlanu soonyana: uHashubha, uOheli, uBherekiya,
uHasadiya, noYushabhi-rhesedi.

21Oonyana bakaHananiya nguPelatiya noJesaya; ewe, noonyana bakaRefaya,
nabaka-Arnana, nabakaObhadiya, nabakaShekaniya.

22Oonyana bakaShekaniya nguShemaya noonyana bakhe: uHatushe, uIgali,
uBhariya, uNeyariya, noShafati, bebathandathu bebonke.

23Oonyana bakaNeyariya bathathu: nguEliyohenayi, uHezekiya, noAzerikam.

24UEliyohenayi yena wayenoonyana abasixhenxe: uHodaviya, uEliyashibhi,
uPelaya, uAkubhi, uYohanan, uDelaya, noAnani.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1 Yeziganeko 4

Inzala kaJuda

1Oonyana bakaJuda nguPerezi noHezeron, noKarmi, noYuri, noShobhali.

2URaya, unyana kaShobhali, wazala uYahati, uYahati wazala uAhumayi noLahadi. Zizo ezo ke izindlu zamaZora.

3Oonyana bakaEtam nguYizereli, noIshma, noIdebhashe. Igama lodade wabo nguHazeleleponi.

4UPenuweli, ukhokho weGedore, kunye noEzere, ukhokho weHusha, babeyinzala kaYuri, owayengamazibulo kamka-Kalebi uEfrata, ukhokho weBhetelehem.

5UAskure, ukhokho weTekowa, wayenabafazi ababini, uHela noNahara.

6UNahara wazala uAhuzam, noHefere, noTemani, noHashatari.

7Oonyana bakaHela nguZerete, noZohare, noEtenan,

8noKozi owazala uAnubhi, noZobhebha, nendlu ka-Aharele unyana kaHarum.

9UYabheze wayedumile kunabantakwabo. Unina wamthiya eli gama linguYabheze esithi: “Kaloku ndimzele ngokubulaleka yintlungu yenimba.”

10UYabeze lo wazibika kuThixo wakwaSirayeli, wathi: “Ngamana wandithamsanqelisa, wawandisa umhlaba wam. Nceda ube nam, undikhusele ebubini, ukuze ndingafi yintlungu.” Ke uThixo wamenzela loo nto ayicelileyo.

Izindlu

11UKelubhi, umntakwabo-Shuwa, wazala uMeyire, uyise kaEshton.

12UEshton wazala uBhete-rafa, noPaseha, noTehina, ukhokho weIre-nahashe. Yinzala yala madoda ke emi eReka.

13Oonyana bakaKenazi nguOteniyeli noSeraya. UOteniyeli wazala uHatati [noMeyonotayi],

14uMeyonotayi wazala uOfra. Ke uSeraya wazala uJowabhi, ukhokho weGeharashim, eyabizwa ngeli gama kuba abantu balapho babeziingcibi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

15Oonyana bakaKalebhi, unyana kaYefune, nguIru, noEla, noNaham. Unyana kaEla nguKenazi.

16Naba oonyana bakaYehaleleli: nguZifi, uZifa, uTiriya, noAsareli.

17-18Oonyana bakaEzera nguYetere, noMerede, noEfere, noYalon. UMerede wathatha uBhitiya, intombi yokumkani waseJiputa, baza bazala intombi enguMiriyam noonyana abanguShamayi noIshbha. UIshba lo ngukhokho weZanowa. UMerede wathatha iqadi kwindlu yakwaJuda, lazala uJerede ukhokho weGedore, noHebhere ukhokho weSoko, noYekutiyeli ukhokho weZanowa.

19UHodiya wathatha udade boNaham, ukhokho weKehila. Oonyana bakhe nguGarmi noEshtemowa waseMahaka.

20Naba oonyana bakaShimon: nguAmnon, uRina, uBhen-rhanana, noTilon. Oonyana bakaIshi ngooZoyeti noBhen-zoyeti.

Inzala kaShela

21Oonyana bakaShela, unyana kaJuda, nguEre ukhokho weLeka, noLada ukhokho weMaresha, nezindlu zabasebenza ilineni eBhete-ashbheya,

22noYokim, nabemi baseKozebha, noYowashe, noSarafe, ababeziziphathamandla eMowabhi naseYashubhi-lehem. Ke ezi zizinto zakudala.

23Babengababumbi bezinto zomdongwe. Babehlala nokumkani eNetayim naseGedera, bemsebenzela.

Inzala kaSimon

24Naba oonyana bakaSimon: nguNemuweli, noJamin, noYaribhi, noZera, noShawule.

25UShawule wazala uShalum, uShalum wazala uMibhesam, uMibhesam wazala uMishma.

26Ke uMishma wazala uHamuweli, uHamuweli wazala uZakure, uZakure wazala uShimeyi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

27UShimeyi wayenoonyana abalishumi elinantandathu neentombi ezintandathu, kodwa abantakwabo-Shimeyi ababanga nabantwana abaninzi. Ke ngoko indlu yakwaSimon ayandanga njengendlu yakwaJuda.

28Babehlala eBheshebha, naseMolada, naseHazare-shuwali,

29naseBhileha, nase-Ezem, naseToladi,

30naseBhetuweli, naseHoma, naseZikelage,

31naseBhete-markabhoti, naseHazare-susim, naseBhete-bhiri, naseSharayim. Zizo ezo ke iilali apho yayihlala khona indlu yakwaSimon de uDavide waba ngukumkani.

32Babehlala nakwezinye iindawo ezintlanu: e-Etam, eAyin, eRimon, eToken, naseAshan,

33kwanasezilalini eziphahle ezo ndawo, kude kuye kutsho kwaBhali. Zizo ezo ke iindawo ababehlala kuzo, begcina imilibo yokuzalwa.

34Nazi ke iintloko zezindlu: UMeshobhabhi; noYamleki; noYosha, unyana ka-Amaziya;

35noYoweli; noYehu, unyana kaYoshibhiya kaSeraya ka-Asiyeli;

36noEliyohenayi; noYakobha; noYeshohaya; noAsaya; noAdiyeli; noJesimiyeli; noBhenaya;

37noZiza, unyana kaShifi ka-Alon kaYedaya kaShimri kaShemaya.

38Ke izindlu zabo zanaba kunene,

39bada baya ngasemacaleni eGedore, beyifunela amadlelo impahla yabo empumalanga entilini yalapho.

40Bafumana amadlelo atyebileyo amahle, ethe thabalala. Elo lizwe lalizolile, lonwabile. Kudala kwakumi amaHam apho.

41Ngemihla kakumkani uHezekiya wakwaJuda la madoda akhankanyiweyo afika awahlasela amaHam ezindlwini zawo, kwakunye namaMehun awayelapho, aza awatshabalalisa kwaphela, njengoko kusenjalo nangoku.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Ahlala ezikhundleni zawo ke, kuba amadlelo alapho ebeyifanele impahla yawo.

42Kuwo la maSimon kwaphuma amadoda angamakhulu amahlanu, aya kuhlasela eleentaba lase-Edom. Ayephantsi koPelatiya, noNehariya, noRefaya, noUziyeli, oonyana bakaIshi.

43Baxabela amasalela ama-Amaleki awayesindile, baza bahlala khona unanamhla.

1 Yeziganeko 5

Inzala kaRubhen

1Naba oonyana bakaRubhen, amazibulo kaSirayeli. (Ke wahluthwa ubuzibulo bakhe kuba wasixabhela isilili sikayise, baza ubuzibulo bakhe banikwa oonyana bakaJosefu unyana kaSirayeli. Emilibeni yokuzalwa akasabalwa ke ukuba ungowamazibulo.

2Ke ngoko, nangona uJuda athe wabalasela kunabantakwabo kangangokuba kwada kwaphuma ukumkani kuye, bona ubuzibulo banikwa uJosefu.)

3Naba ke oonyana bakaRubhen, amazibulo kaSirayeli: nguHanoki, uPalu, uHezeron, noKarmi.

4Nantsi inzala kaYoweli. UYoweli wazala uShemaya, uShemaya wazala uGogi, uGogi wazala uShimeyi,

5uShimeyi wazala uMika, uMika wazala uRaya, uRaya wazala uBhali,

6uBhali wazala uBheyera owafuduswa nguTigelate-pilezere ukumkani waseAsiriya. UBheyera lo ebesisikhulu samaRubhen.

7Nazi iintloko zendlu yakwaRubhen ngokokulandwa komlibo wokuzalwa: nguYehiyeli, noZekariya,

8noBhela unyana ka-Azazi kaShema kaYoweli. Aba babemi eArohere kuye eNebho naseBhali-meyon.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Imfuyo yabo yanda ezweni laseGiliyadi, baza banabela empumalanga, baya kuma emacaleni entlango ethabathela emlanjeni iEfrati.

10Ngemihla kaSawule amaRubhen aqhwaya imfazwe, alwa namaHagri, aza awoyisa. Ayithimba ke imizi yamaHagri kuwo wonke umhlaba ongakwimpuma yeGiliyadi.

Inzala kaGadi

11Oonyana bakaGadi babemelene nabakaRubhen ezweni laseBhashan ukuya kutsho eSaleka.

12Indlu enkulu yayiyekaJoweli eBhashan, kulandele ekaShafam, ekaJanayi nekaShafati.

13Ezinye izindlu yayizezi: ekaMikayeli, ekaMeshulam, ekaShebha, ekaJorayi, ekaYakan, ekaZiya, nekaHebhere, zisixhenxe zizonke.

14Babeyinzala ka-Abhihayili, unyana kaYuriyi, kaYarowa, kaGiliyadi, kaMikayeli, kaYeshishayi, kaYado, kaBhuzi.

15UAhi, unyana ka-Abhediyeli kaGuni, wayeyintloko yezi zindlu.

16AmaGadi la ayemi eGiliyadi naseBhashan nasezilalini zalapho nasemadlelweni aseSharon onke.

17Bonke aba babalwa emilibeni yokuzalwa ngemihla kaYotam ukumkani wakwaJuda nangemihla kaJerobhowam ukumkani wakwaSirayeli.

Umkhosi wezizwe zangaphesheya kweJordan

18AmaRubhen namaGadi nesiqingatha sesizwe sakwaManase ayenamadoda angamashumi amane anesine amawaka, anamakhulu asixhenxe, anamashumi amathandathu, akufaneleyo ukuphuma umkhosi. La madoda ayengamakroti aqeqeshelwe umkhosi, ekuqhelile ukusebenzisa ikhaka nekrele nokudubula ngeentolo.

19Lo mkhosi waya emfazweni walwa nezizwe zamaHagri ezingamaJeture, namaNafishi, namaNodabhi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

[20]Umkhosi lo wawukholose ngoThixo, waza wathandazela ukuncedwa nguye ekulweni. Wawuva ke uThixo umthandazo wawo, wawuncedisa emfazweni, oyiswa amaHagri nabo bonke ababekunye nawo.

[21]Yathinjwa ke impahla yamaHagri: iinkamela ezingamawaka amashumi mahlanu, iigusha ezimawaka amakhulu mabini anamashumi mahlanu, needonki ezingamawaka amabini. Ngaphezu koko bathimba nabantu abalikhulu lamawaka.

[22]Kwabulawa amaHagri amaninzi, kuba loo mfazwe yayiphuma kuThixo. AmaRubhen namaGadi nesiqingatha sesizwe sakwaManase ahlala ezikhundleni zamaHagri ada athinjwa.

Isiqingatha sesizwe sakwaManase

[23]Isiqingatha sesizwe sakwaManase sande saba ngabantu abaninzi. Imida yabo ibithabathele eBhashan, ise eBhali-hermon, naseSenire, nasentabeni yeHermon.

[24]Nazi iintloko zezindlu: nguHefere, uIshi, uEliyeli, uAzeriyeli, uJeremiya, uHodaviya, noYadiyeli. Babengamagorha anobukroti, amadoda anegama, eziintloko zezindlu zakumawawo.

Ukuthinjwa kwezizwe zangaphesheya kweJordan

[25]Kambe ke amaRubhen namaGadi, nesiqingatha sesizwe sakwaManase zange athembeke kuThixo wooyise, koko amlahla akhonza oothixo bezizwe zelo zwe, ezo uThixo wazitshabalalisayo ukuze angene endaweni yazo.

[26]Ke ngoko uThixo kaSirayeli wawuxhokonxa umoya kaPuli ukumkani waseAsiriya (lo ukwabizwa ngokuba nguTigelate-pilezere)wazifudusa ezi zizwe, wazisa eHala, naseHabhore, naseHara, nasemlanjeni iGozan, apho zisekhona unanamhla.

1 Yeziganeko 6

Inzala yababingeleli abakhulu

[1]Oonyana bakaLevi nguGershon, noKohati, noMerari.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Oonyana bakaKohati nguAmram, noIzare, noHebron, noUziyeli.

3Abantwana baka-Amram ngooAron, noMosis, noMiriyam. Oonyana baka-Aron ngooNadabhi, noAbhihu, noElazare, noItamare.

4UElazare wazala uFineyasi, uFineyasi wazala uAbhishuwa,

5uAbhishuwa wazala uBhuki, uBhuki wazala u-Uzi,

6u-Uzi wazala uZeraya, uZeraya wazala uMerayoti,

7uMerayoti wazala uAmariya, uAmariya wazala uAhitubhi,

8uAhitubhi wazala uZadoki, uZadoki wazala uAhimazi,

9uAhimazi wazala uAzariya, uAzariya wazala uYohanan.

10UYohanan wazala uAzariya lo wayengumbingeleli ngexesha lokwakhiwa kwendlu kaThixo nguSolomon eJerusalem.

11UAzariya wazala uAmariya, uAmariya wazala uAhitubhi,

12uAhitubhi wazala uZadoki, uZadoki wazala uShalum,

13uShalum wazala uHilekiya, uHilekiya wazala uAzariya,

14uAzariya wazala uSeraya, uSeraya wazala uYozadaki.

15UYozadaki lo wafuduswa nabemi bakwaJuda neJerusalem basiwa ekuthinjweni ngokuya uNdikhoyo wayebathumele ngoNebhukadenezare.

Enye inzala kaLevi

16Oonyana bakaLevi nguGershon, noKohati, noMerari.

17Naba oonyana bakaGershon: nguLibheni noShimeyi.

18Oonyana bakaKohati nguAmram, noIzare, noHebron, noUziyeli.

19Oonyana bakaMerari nguMali noMushi. Nazi iinkulu zezindlu zabakwaLevi ngokuzana kwazo izizukulwana ngezizukulwana:

20Kwindlu kaGershon inkulu nguLibheni, ibe nguYahati, uZima,

21uJowa, uIdo, uZera, noYaterayi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

22Kwindlu kaKohati inkulu nguAminadabhi, ibe nguKora, uAsire,

23uElikana, uAbhiyasafu, uAsire,

24uTahati, u-Uriyeli, u-Uziya, noShawule.

25Kwindlu kaElikana ngoonyana bakhe ooAmisayi noAhimoti,

26ibe ngunyana ka-Ahimoti uElikana, ibe ngunyana wakhe uZofayi, ibe nguNahati,

27uEliyabhi, uJeroham, uElikana, [noSamweli],

28ibe ngoonyana bakaSamweli, [uJoweli] owamazibulo noAbhiya umninawa wakhe.

29Kwindlu kaMerari inkulu nguMali, ibe nguLibheni, uShimeyi, u-Uza,

30uShimeya, uHagiya, noAsaya.

Iimvumi

31Aba ngâbo ukumkani uDavide wabaphathisa umbandela weengoma esibingelelweni sikaNdikhoyo emva kokuba ityesi yomnqophiso yazinziswa khona.

32Babethwele uxanduva lokulungiselela ngeengoma kwisibingelelo esiyintente, wada ukumkani uSolomon wayakha indlu kaNdikhoyo eJerusalem. Umsebenzi wabo babewuqhuba ngokwemiqathango abayibekelweyo.

33Naba ke abebephathiswe iingoma noonyana babo: Kwindlu kaKohati umbhexeshi wekwayara enkulu ibinguHeman unyana koJoweli, kaSamweli,

34kaElikana, kaJeroham, kaEliyeli, kaTowa,

35kaZufi, kaElikana, kaMahati, ka-Amasayi,

36kaElikana, kaJoweli, ka-Azariya, kaZefaniya,

37kaTahati, ka-Asire, ka-Abhiyasafu, kaKora,

38kaIzare, kaKohati, kaLevi, kaSirayeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.

39Ikwayara enganeno ibibhexeshwa nguAsafu unyana kaBherekiya, kaShimeya,

40kaMikayeli, kaBhaseya, kaMalekiya,

41kaEteni, kaZera, ka-Adaya,

42kaEtan, kaZima, kaShimeyi,

43kaYahati, kaGershon, kaLevi.

44Ikwayara yesithathu ibibhexeshwa nguEtan wendlu kaMerari. UEtan lo ebengunyana kaKishi unyana ka-Abhedi, kaMaluki,

45kaHashabhiya, ka-Amaziya, kaHilekiya,

46ka-Amazi, kaBhani, kaShemere,

47kaMali, kaMushi, kaMerari, kaLevi.

48Amawabo abaLevi ayephathiswe wonke umsebenzi ongomnye esibingelelweni nasendlwini kaThixo.

Inzala ka-Aron

49UAron noonyana bakhe babenyusa amadini eqongeni lamadini atshiswayo, beqhumisela eqongeni leziqhumiso, besenza wonke umsebenzi weyona ndawo ingcwele endlwini kaThixo. Bebengxengxeza egameni lamaSirayeli ngokwemiyalelo yonke kaMosis isicaka sikaThixo.

50Naba oonyana baka-Aron: uAron wazala uElazare, uElazare wazala uFineyasi, uFineyasi wazala uAbhishuwa,

51uAbhishuwa wazala uBhuki, uBhuki wazala u-Uzi, u-Uzi wazala uZeraya,

52uZeraya wazala uMerayoti, uMerayoti wazala uAmariya, uAmariya wazala uAhitubhi,

53uAhitubhi wazala uZadoki, uZadoki wazala uAhimahaze.

Imihlaba eyanikwa abaLevi
(Yosh 21:5-39)

© 1996 Bible Society of South Africa.

54Nantsi imihlaba eyanikwa inzala ka-Aron wendlu yakwaKohati. Banikwe isabelo sokuqala kwiindawo ezabelwe abaLevi ngeqashiso.

55Banikwa iHebron ezweni lakwaJuda kunye namadlelo ayo.

56Ke wona amasimi aseHebron kunye neelali eziyingqongileyo zanikwa uKalebhi unyana kaJefune.

57Nazi ke iidolophu namadlelo azo ezanikwa oonyana baka-Aron: iHebron (eyayisisixeko sokuphephela), iLibhena, iYatire, iEshtamowa,

58iHilen, iDebhiri,

59iAshan, neBhete-shemeshe.

60Esizweni sakwaBhenjamin banikwa ezi dolophu zinamadlelo azo: iGebha, iAlemete, neAnatoti. Zizonke ezi dolophu ezazinikwe amaKohati bezilishumi elinantathu.

61Oonyana bakaKohati abaseleyo bazabelwa ngeqashiso iidolophu ezilishumi esiqingatheni sesizwe sakwaManase.

62Oonyana bakaGershon ngokwezindlu zabo banikwa iidolophu ezilishumi elinantathu esizweni sakwaIsakare nasesizweni sakwaNafetali nakwicandelo lesizwe sakwaManase eliseBhashan.

63Oonyana bakaMerari ngokwezindlu zabo bazabelwa ngeqashiso iidolophu ezilishumi elinambini esizweni sakwaRubhen nasesizweni sakwaGadi nasesizweni sakwaZebhulon.

64Ke ngoko amaSirayeli anika abaLevi ezi dolophu zikhankanyiweyo zinamadlelo azo.

65Kwizizwe zakwaJuda, nakwaSimon, nakwaBhenjamin bazifumana ngamaqashiso.

66Ke izindlu ezithile zamaKohati zanikwa iidolophu ezinamadlelo esizweni sakwaEfrayim.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

67Kwiintaba zakwaEfrayim banikwa iShekem (eyayisisixeko sokuphephela), neGezere,

68neYokemeham, neBhete-horon,

69neAyalon, neGati-rimon.

70Ke zona izindlu eziseleyo zamaKehati zanikwa iAnere neBhileham namadlelo azo esiqingatheni sesizwe sakwaManase.

71AmaGershon wona abelwa ngolu hlobo: Kwisiqingatha sesizwe sakwaManase anikwa iGolan yaseBhashan neAshtaroti, zinamadlelo azo.

72Kwisizwe sakwaIsakare anikwa iKadeshe, neDabherati,

73neRamoti, neAnem, zinamadlelo azo.

74Kwisizwe sakwa-Ashere anikwa iMashale, neAbhedon,

75neHukoki, neRehobhi, zikunye namadlelo azo.

76Kwisizwe sakwaNafetali anikwa iKedeshe yaseGalili, neHamon, neKiriyatayim, zinamadlelo azo.

77Abaseleyo kubaLevi yayingoonyana bakaMerari. Bona banikwa ezi dolophu zilandelayo zinamadlelo azo: Kwisizwe sakwaZebhulon banikwa iRimon neTabhore.

78Kwisizwe sakwaRubhen ngaphesheya kweJordan ngasempumalanga kweJeriko banikwa iBhezere esentlango, iYaza,

79iKedemoti, neMefati.

80Kwisizwe sakwaGadi banikwa iRamoti yaseGiliyadi, neMahanayim,

81neHeshbhon, neYazere zinamadlelo azo.

1 Yeziganeko 7

Inzala kaIsakare

1UIsakare wayenoonyana abane: uTola, uPuwa, uYashubhi, noShimron.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Oonyana bakaTola ngu-Uzi, noRefaya, noJeriyeli, noYamayi, noIbhesam, noSamweli. Babeziinkulu zezindlu zakwaTola. Ngemihla kaDavide amadoda akwaTola anokungena emkhosini ayengamashumi amabini anambini amawaka anamakhulu amathandathu.

3Unyana kaUzi nguYezeraya. Oonyana baYezeraya nguMikayeli, no-Obhadiya, noJoweli, noIshiya. Bebonke yayiziinkulu zezindlu.

4Babenabafazi noonyana abaninzi; inzala yabo ibingamadoda angamashumi amathathu anantandathu anokungena emkhosini.

5Ewonke amaIsakare ezindlu ngezindlu anokungena emkhosini ayengamashumi asibhozo anesixhenxe samawaka.

Inzala kaBhenjamin

6UBhenjamin wayenoonyana abathathu: uBhela, uBhekere, noYediyali.

7UBhela wayenoonyana abahlanu abaziinkulu zezindlu, bengamagorha anobukroti: uEzebhon, u-Uzi, u-Uziyeli, uJerimoti, noIri. Inzala yabo ibingamadoda angamashumi anambini amawaka anamashumi amathathu anane anokungena emkhosini.

8Naba oonyana bakaBhekere: nguZemira, noYowashe, noElizere, noEliyohenayi, no-Omri, noJeremoti, noAbhiya, noAnatoti, noAlemete.

9Inzala yabo ngokwezindlu ibingamadoda angamashumi amabini amawaka anamakhulu amabini anokungena emkhosini.

10UYediyali wazala uBhilehan. Oonyana bakaBhilehan nguJewushe, noBhenjamin, noEhude, noKenana, noZetan, noTashishe, noAhishare.

11Oonyana bakaYediyali aba babeziinkulu zezindlu, bengamagorha anobukroti. Inzala yabo ibilishumi elinesixhenxe lamawaka anamakhulu amabini amadoda anokungena emkhosini.

12AmaShupim namaHupim yinzala kaIre, ke wona amaHushim yinzala ka-Ahere.

Inzala kaNafetali

© 1996 Bible Society of South Africa.

13UNafetali, unyana kaYakobi nomkakhe uBhiliha, wazala uGuni, noYezere, noShalum.

Inzala kaManase

14UManase wayeneqadi elingumAramikazi elazala uAseriyeli noMakire uyise kaGiliyadi.

15UMakire lo wathatha uMahaka udade boHupim noShupim. Omnye wenzala kaMakire nguZelofehadi owazala amantombazana kuphela.

16Umka-Makire uMahaka wazala unyana awamthiya igama elinguPereshe. Umninawa wakhe nguShereshe, owazala u-Ulam noRakem.

17U-Ulam lo wazala uBhedan. Yiyo leyo ke inzala kaGiliyadi, unyana kaMakire, unyana kaManase.

18Udade boGiliyadi uHamolekete wazala uIshodi, noAbhiyezere, noMala.

19Oonyana bakaShemida nguAhiyan, noShekem, noLiki, noAniyam.

Inzala kaEfrayim

20Nantsi inzala kaEfrayim. UEfrayim wazala uShutela, uShutela wazala uBheredi, uBheredi wazala uTahati, uTahati wazala uEliyada, uEliyada wazala uTahati,

21uTahati wazala uZabhadi, uZabhadi wazala uShutela. Abanye oonyana bakaEfrayim, uEzere noEladi, babulawa xa babefuna ukuthimba imfuyo yabantu baseGati.

22UEfrayim wabazilela ixesha elide oonyana bakhe abaswelekileyo, baza abazalana naye bafika bamkhuza.

23Emva koko umkakhe wamitha, wazala unyana, waza uEfrayim wamthiya igama elinguBheriya, kuba indlu yakhe ibihlelwe lilishwa.

24UEfrayim wazala nentombi enguShera. UShera lo wayakha iBhete-horon, eyasezantsi neyasentla, wayakha neUzen-shera.

25UEfrayim wazala nonyana onguRefa. URefa lo wazala uReshefe, uReshefe wazala uTela, uTela wazala uTahan,

© 1996 Bible Society of South Africa.

26uTahan wazala uLadan, uLadan wazala uAmihudi, uAmihudi wazala uElishama,

27uElishama wazala uNune, uNune wazala uYoshuwa.

28Umhlaba abema kuwo oonyana bakaEfrayim yiBhetele namaphandle ayingqongileyo. Ngasempumalanga umda ubuma ngeNaran, ngasentshona ume ngeGezere neelali eziyingqongileyo, uye kutsho naseShekem neelali zakhona, naseAya neelali zakhona.

29Ngasemdeni wakwaManase ibiyiBhete-shehan, iTanaki, iMegido, iDore, neelali ezizingqongileyo. Kulapho yayimi khona inzala kaJosefu unyana kaSirayeli.

Inzala ka-Ashere

30Nantsi inzala ka-Ashere: oonyana nguImna, noIshwa, noIshvi, noBheriya, nodade wabo uSera.

31Oonyana bakaBheriya nguHebhere noMalkiyeli owazala uBhizaviti.

32Ke yena uHebhere wazala uYafelete, noShemere, noHotam, nodade wabo uShuwa.

33Oonyana bakaYafelete nguPasaki, noBhimehali, noAshevati.

34Oonyana bakaShemere nguAhi noRoga, noYehubha, noAram.

35Oonyana bomntakwabo-Shemere uHelem nguZofa, noImna, noSheleshe, noAmali.

36Ke bona oonyana bakaZofa nguSuwa, noHarenefere, noShuwali, noBheri, noImra,

37noBhezere, noHodi, noShama, noShilesha, noItran, noBhera.

38Oonyana bakaYetere nguYefune, noPisepa, noAra.

39Oonyana bakaUla nguAra, noHaniyeli, noRiziya.

40Bonke aba babeyinzala ka-Ashere. Babeziinkulu, bengamadoda akhethiweyo anobukroti, beziinkokheli ezinamagama. Bebonke

© 1996 Bible Society of South Africa.

babengamadoda angamashumi amabini anantandathu amawaka anokungena emkhosini.

1 Yeziganeko 8

Inzala kaBhenjamin

1Naba oonyana abahlanu bakaBhenjamin ngokuzana kwabo: nguBhela owamazibulo, ibe nguAshbhele, uAhara,

2uNoha, noRafa.

3Oonyana bakaBhela nguAdare, noGera, noAbhihudi,

4noAbhishuwa, noNaman, noAhowa,

5noGera, noShefufan, noHuram.

6-7Oonyana bakaEhude nguNaman, noAhiya, noGera. Babeziinkulu zezindlu zaseGebha, ezo zanyanzelekayo ukuba zifuduke, zaza zaya eMahanati, zikhokelwa nguGera uyise kaUza noAhihudi.

8UShaharayim wawuqhawula umtshato wakhe nabafazi bakhe, uHushim noBhayara, waya kuma eMowabhi,

9wathatha uHodeshe, wazala uJobhabhi, noZibheya, noMesha, noMalkom,

10noYehuze, noSakiya, noMirma. Oonyana bakhe aba bonke baba ziinkulu zezindlu.

11Ke nomkakhe uHushim wayemzalele uAhitubhi noElipali.

12Oonyana bakaElipali nguHebhere, noMisham, noShemede lowo wayakhayo iOno kwaneLodi neelali ezizingqongileyo.

AmaBhenjamin aseGati naseAyalon

13OoBheriya noShema babeziinkulu zezindlu ezazimi eAyalon zaza zabagxotha abemi baseGati.

14Kwinzala kaBheriya kukho uAhiyo, noShashaki, noYeremoti,

15noZebhadiya, noAradi, noEdere,

© 1996 Bible Society of South Africa.

16noMikayeli, noIshpa, noYoha.

AmaBhenjamin aseJerusalem

17-18Oonyana bakaElipali nguZebhadiya, noMeshulam, noHizeki, noHebhere, noIshmerayi, noYeziliya, noJobhabhi.

19-21Oonyana bakaShimeyi nguYakim, noZikri, noZabhedi, noElihenayi, noZiletayi, noEliyeli, noAdaya, noBheraya, noShimrati.

22-25Oonyana bakaShashaki nguIshpan, noHebhere, noEliyeli, noAbhedon, noZikri, noHanan, noHananiya, noElam, noAntotiya, noIfediya, noPenuweli.

26-27Oonyana bakaJeroham nguShamsherayi, noShehariya, noAtaliya, noYareshiya, noEliya, noZikri.

28Zizo ezo ke iinkulu zezindlu ezazihlala eJerusalem.

AmaBhenjamin aseGibheyon naseJerusalem

29Ukhokho weGibheyon wayehlala khona eGibheyon. Igama lomkakhe nguMahaka.

30Ngokuzana kwabo oonyana bakhe nguAbhedon owamazibulo, ibe nguZure, uKishe, uBhali, uNadabhi,

31uGedore, uAhiyo, uZekere,

32noMikeloti owazala uShimeya. Nabo nenzala yabo babehlala eJerusalem ngakwamanye amaBhenjamin.

Inzala kakumkani uSawule

33UNere wazala uKishe, uKishe wazala uSawule, uSawule wazala uJonatan, noMalkishuwa, noAbhinadabhi, noEshbhali.

34UJonatan wazala uMeribhali, uMeribhali wazala uMika.

35Oonyana bakaMika nguPiton, noMeleki, noTareya, noAhazi.

36UAhazi wazala uYowada, uYowada wazala uAlemete, noAzemavete, noZimri, waza uZimri wazala uMoza,

© 1996 Bible Society of South Africa.

37uMoza wazala uBhineya, uBhineya wazala uRafa, uRafa wazala uElasa,
uElasa wazala uAzele.

38UAzele ebenoonyana abathandathu, amagama abo inguAzerikam,
uBhokeru, uIshmayeli, uShariya, uObhadiya, noHanan.

39Oonyana abathathu bakaEsheki, umntakwabo-Azele ngu-Ulam
owamazibulo, ibe nguJewushe noElifelete.

40Oonyana bakaUlam babengamagorha anobuchule kwicala lamatolo.
Babenoonyana nabazukulwana abalikhulu elinamashumi amahlanu. Bonke
abo babeyinzala kaBhenjamin.

1 Yeziganeko 9

Abantu ababuye ekuthinjweni

1AmaSirayeli onke adweliswa ngokwemilibo yawo encwadini yookumkani
bakwaSirayeli. AmaJuda athinjwa, asiwa eBhabheli, ngenxa
yokunganyaniseki kwawo.

2Abokuqala ababuya ekuthinjweni bangena balanda ilifa labo ngamaSirayeli
athile, nababingeleli, nabaLevi, nabasebenza endlwini kaThixo.

3Bekukho abendlu kaJuda, nabendlu kaBhenjamin, nabendlu kaEfrayim
nekaManase ababehlala eJerusalem.

4Nazi iinkulu zabendlu kaJuda ababehlala eJerusalem: Kwinzala kaPereze,
unyana kaJuda, inkulu ngu-Utayi, unyana ka-Amihudi, unyana kaOmri,
unyana kaImri, unyana kaBhani.

5Kwindlu kaShela inkulu nguAsaya izibulo, noonyana bakhe.

6Kwindlu kaZera inkulu nguJeweli. Bebonke abantu bendlu yakwaJuda
babengamakhulu amathandathu anamashumi alithoba.

7Nazi iinkulu zamaBhenjamin awayehlala eJerusalem: nguSalu kaMeshulam
kaHodaviya kaHasenuwa;

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8uIbheneya kaJeroham; uEla kaUzi kaMikri; noMeshulam kaShefatiya kaRuweli kaIbheniya.

9La madoda ke ayeziinkulu zezindlu zakowawo. Ewonke la maBhenjamin ayengamakhulu alithoba anamashumi amahlanu anantandathu.

Ababingeleli ababemi eJerusalem

10Naba ababingeleli ababehlala eJerusalem: nguYedaya, uJoyaribhi, uJakin,

11uAzariya kaHilekiya kaMeshulam kaZadoki kaMerayoti ka-Ahitubhi, owayeligosa elikhulu lendlu kaThixo,

12uAdaya kaJehoram kaPashure kaMalekiya, noMasayi ka-Adiyeli kaYazera kaMeshulam kaMeshilemiti kaImere.

13Ababingeleli ababeziinkulu zezindlu babeliwaka elinamakhulu asixhenxe anamashumi amathandathu. Babeziingcungela kumsebenzi wendlu kaThixo.

14Naba abaLevi ababehlala eJerusalem: nguShemaya kaHashubhi ka-Azerikam kaHashabhiya, wendlu kaMerari,

15uBhakebhakare, uHerese, uGalali, uMataniya kaMika kaZikri ka-Asafu,

16uObhadiya kaShemaya, kaGalali kaJedutun, noBherekiya ka-Asa kaElikana, owayehlala kwiilali zamaNetofa.

Abagcini-masango

17Naba abagcini-masango bendlu kaThixo ababehlala eJerusalem: nguShalum, noAkubhi, noTalmon, noAhiman, nabantakwabo. Intloko yabo ibinguShalum.

18Unangoku basagada isango elingasempumalanga, elo adla ngokungena ngalo ukumkani. Mandulo babegada amasango eekampu zabaLevi.

19UShalum unyana kaKore, unyana ka-Abhiyasafu, unyana kaKora, kunye namawabo amaKora, wayephathiswe umsebenzi wokugada amasango endlu kaThixo kanye njengoko ookhokho babo babegada isango lentente esisibingelelo sikaNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

20Mandulo uFineyasi, unyana kaElazare, wayebongamele abagcini-masango,
yaye uNdikhoyo wayenaye.

21UZekariya, unyana kaMeshelemiya, naye wayengumgcini-sango kwindlu
kaNdikhoyo.

22Bebonke abagcini-masango bendlu kaThixo babengamakhulu amabini
aneshumi elinesibini. Babebalwa ngokwemimandla abahlala kuyo. Ookhokho
babo babenikwe uxanduva lokuba ngabagcini-masango ngukumkani uDavide
nomshumayeli uSamweli, kuba babengamadoda athembekileyo.

23Bona nenzala yabo babesoloko ke begada amasango endlu kaNdikhoyo.

24Babegada amasango kumacala omane; empumalanga nasentshonalanga,
ngasentla nangasezantsi.

25Aba bagadi babencediswa ngamawabo asezilalini awayedla ngokuza
kubabambela iintsuku zibe sixhenxe.

26Bekukho abaLevi abane abangabaphathi babagadi. Bona babethenjiwe,
begada amagumbi noovimba bendlu kaThixo.

27Ebusuku babelala kufuphi nendlu kaThixo, ukuze bayaluse, baze bayivule
yonke intsasa.

Abanye abaLevi

28Abanye kubaLevi babephethe ubugcwabalala obusetyenziswayo xa
kunqulwa. Yonke into ephumayo babeyibhala, baphinde benjenjalo naxa
ibuyayo.

29Abanye babephethe yonke enye impahla yendlu kaThixo, kunye nomgubo
wengqolowa, newayini, namafutha omnquma, nentlaka yokuqhumisa,
neziqholo.

30Umsebenzi wokucola iziqholo wona ubuphethwe ngababingeleli.

31UMatitiya, omnye wabaLevi, owayelizibulo likaShalum umKora,
wayephathiswe uxanduva lokosa izonka zomnikelo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

32Kumawabo amaKohati bekukho aphathiswe umsebenzi wokosa izonka
ebezibekwa etafileni ngeMihla yokuPhumla.

33Iintloko zezindlu zabaLevi eziziimvumi bezihlala emagumbini endlwini
kaThixo, zingaphathiswanga wumbi umsebenzi, kuba uxanduva lweengoma
beluphethwe zizo emini nasebusuku.

34Zizo ezi ke iintloko zezindlu zabaLevi ezaziziinkulu ezihlala eJerusalem.

Ookhokho bakaSawule nenzala yakhe
(1 Gan 8:29-38)

35UYehiyeli, ukhokho weGibheyon, wayehlala khona. Igama lomkakhe
nguMahaka.

36Ngokuzana kwabo oonyana bakhe nguAbhedon owamazibulo, ibe nguZure,
uKishe, uBhali, uNere, uNadabhi,

37uGedore, uAhiyo, uZekariya, noMikeloti.

38UMikeloti wazala uShimeya. Nabo nenzala yabo bebehlala eJerusalem
ngakumawabo.

39UNere wazala uKishe, uKishe wazala uSawule, uSawule wazala uJonatan,
noMalkishuwa, noAbhinadabhi noEshbhali.

40UJonatan wazala uMeribhali, uMeribhali wazala uMika.

41Oonyana bakaMika nguPiton, noMeleki, noTareya,

42noAhazi owazala uYara. UYara wazala uAlemete, noAzemavete, noZimri,
waza uZimri wazala uMoza,

43uMoza wazala uBhineya, uBhineya wazala uRefaya, uRefaya wazala uElasa,
uElasa wazala uAzele.

44UAzele ebenoonyana abathandathu. Amagama abo nguAzerikam,
uBhokeru, uIshmayeli, uShariya, uObhadiya, noHanan.

1 Yeziganeko 10

Ukufa kukaSawule noonyana bakhe
(1 Sam 31:1-13)

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Aqubisana amaFilistiya namaSirayeli, aswantsuliswa amaSirayeli, kwawa
inkitha yawo kuloo ntaba iGilibhowa.

2AmaFilistiya awasukela, athana mbende noSawule kunye noonyana bakhe,
aza ababulala bobathathu oonyana bakaSawule, uJonatan, noAbhinadabhi,
kunye noMalkishuwa.

3Laba shushu idabi kufuphi noSawule, abatoli bamchana, bamngxwelerha.

4Kweso sithuba uSawule ubhekise kumfana owayephatha izikhali zakhe,
wenjenje: “Rhola ikrele, undigwaze. Andifuni kuvuyelelwa zeziya ntlanga
zingalukanga.” Loo mfana kambe akazange avume kuyenza loo nto, kuba
wayesoyika. USawule ke urhole ikrele lakhe, waza waziphosa kulo.

5Wathi akubona uSawule efile, naye loo mfana waziphosa kwelakhe ikrele.

6Kwanjalo ke ukufa kukaSawule, noonyana bakhe bobathathu, kunye nendlu
yakhe iphela.

7AmaSirayeli onke angaphesheya kwentili athi akubona ukuba umkhosi
uswantsulisiwe, nokuba uSawule kunye noonyana bakhe bawile, ashiya
iidolopu zawo, abhaca. Afika amaFilistiya, ahlala kwezo dolophu zawo.

8Ngengomso xa amaFilistiya aya kuphanga impahla yâbo babewe edabini,
afika izidumbu zooSawule noonyana bakhe ziqungquluze apho kuloo ntaba
iGilibhowa.

9Amkhulula izixhobo zakhe zemfazwe uSawule, athatha intloko yakhe
nezixhobo zakhe, athumela izigidimi kulo lonke elamaFilistiya, ukuba ziye
kuvakalisa iindaba zoloyiso koothixo bawo nakubantu bawo.

10Izikrweqe zikaSawule azibeka endlwini yothixo wawo, intloko yakhe
ayixhoma endlwini yothixo wawo uDagoni.

11Zathi zakuvakala kubemi bonke baseJabheshe eGiliyadi iindaba zento
yonke eyenziwe kuSawule ngamaFilistiya,

12kwanduluka onke amagorha alapho, azithatha izidumbu zooSawule
noonyana bakhe, azisa eJabheshe. Emva koko bawathatha amathambo abo,

© 1996 Bible Society of South Africa.

baya kuwangcwaba ngaphantsi komthi omkhulu eJabheshe, baza bazila iintsuku ezisixhenxe.

13USawule lo ke wafa kuba esuke akathembeka kuNdikhoyo. Akazange alithobele ilizwi likaNdikhoyo, wada waya kubuzisa nakoosiyazi, efuna isikhokelo,

14endaweni yokubuzisa kuNdikhoyo. Ngoko ke uNdikhoyo wambulala, waza umbuso lowo wawunikezela kuDavide unyana kaJese.

1 Yeziganeko 11

Ukungena kukaDavide embusweni

(2 Sam 5:1-10)

1Ke kaloku onke amaSirayeli ahlanganiselana kuDavide eHebron, athi: “Mhlekazi, siyazalana; sikwaligazi lakho.

2Phambili phaya, ngokuya uSawule ebesengukumkani, amaSirayeli ayekhokelwa nguwe xa aya emfazweni. UNdikhoyo uThixo wakho wathi kuwe: ‘Wena uya kuba ngumalusi wabantu bam amaSirayeli, ube ngumlawuli wabo.’ ”

3Aya kufika ke amadoda amakhulu akwaSirayeli kukumkani uDavide eHebron, waza wanqophisana nawo phaya eHebron phambi koNdikhoyo, aza ke amthambisa waba ngukumkani wamaSirayeli ngokwesithembiso sikaNdikhoyo esivakaliswe nguSamweli.

4UDavide namaSirayeli ephela baphuma baya eJerusalem – yiJebhusi ke leyo. Abemi bakhona, amaJebhusi,

5athi kuDavide: “Akunakuze ungene apha wena!” Kambe ke uDavide wasuka wayithimba inqaba iZiyon, isixeko sikaDavide.

6UDavide ke wayethe: “Nabani na othe wakhokela xa kuhlaselwa amaJebhusi uya kuba yinjengele.” Ke uJowabhi, unyana kaZeruya, yaba nguye ophumayo, waza ke wenziwa injengele yomkhosi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

7Waya kuhlala apho kuloo nqaba uDavide, yaza yabizwa ngokuba sisixeko sikaDavide.

8Wakha isixeko sayijikeleza, esusela kungqameko, waya kuthi ngqu ngodonga olujikelezileyo. Ke yena uJowabhi wasizinzisa isixeko ngokubanzi.

9UDavide ke waya esomelela ngokomelela, kuba kaloku uNdikhoyo onamandla onke wayenaye.

Amagorha kaDavide
(2 Sam 23:8-39)

10Nazi iintloko zamagorha omkhosi kaDavide. Wona ke ekunye namaSirayeli ephela awuxhasa awomeleza umbuso wakhe wada wanabela kulo lonke elo lizwe ngokwesithembiso sikaNdikhoyo.

11Ewe, nalu uludwe lwamagorha kaDavide: UJashobham umHakimoni wayeyintloko yamagorha angamashumi amathathu. Walwa namakhulu amathathu amadoda eyedwa, wawabulala onke ngomkhonto wakhe kwidabi elinye.

12Olandelayo nguElazare, unyana kaDodo umAhoyi, engomnye wamagorha amathathu.

13Yena wayekunye noDavide ePasi-damimi mhla ngedabi, amaFilistiya ehlanganisene khona. Ndaweni ithile apho kwakukho intsimi ezele yirhasi, umkhosi waswantsuliswa ngamaFilistiya.

14Kambe ke uElazare namadoda akhe bema baqingqa apho phakathi kuloo ntsimi. Ewe, bahlanganisa babetha kwajub' ugodo kumaFilistiya, waza uNdikhoyo waba ngotshatsheleyo.

15Isithathu kuloo madoda angamashumi amathathu aziintloko zomkhosi kaDavide saya kuye kwiliwa elikumqolomba waseAdulam, lo gama wona umkhosi wamaFilistiya umise kwintili yamaRafa.

16Ngelo xesha uDavide yena wayesezintabeni kwindawo enqabileyo, kukho ibutho lamaFilistiya eBhetelehem.

© 1996 Bible Society of South Africa.

17UDavide wanxanwa, waza wathi: “Akwaba bekungakho mntu undiphathela amanzi kwelaa qula lingasesangweni eBhetelehem.”

18Loo magorha mathathu ke atyhoboza apho kuloo maFilistiya, aya kukha amanzi apho kwelo qula lingasesangweni leBhetelehem, abuya nawo, awanika uDavide. Kambe ke uDavide wala ukuwasela, ndaweni yaloo nto wawachitha, esenza umnikelo ngawo kuNdikhoyo, esithi:

19“Hayi khona, uThixo makandithintele; soze ndiyenze into enjalo! Ndingaba ndisela igazi lala madoda awakhe ngokubeka ubomi bawo esichengeni sokufa. Ewe, ngokuhamba aye kuwakha aphinde abuye nawo, abubeke esichengeni ubomi bawo.” UDavide wala ukuwasela loo manzi. Zazinjalo ke izigigaba zaloo magorha mathathu.

20UAbhishayi umntakwabo-Jowabhi yayinguye inkokheli yamashumi amathathu amagorha. Yena ngomkhonto wakhe walwa namadoda angamakhulu amathathu wawabulala, watsho wabalasela njengaloo magorha mathathu.

21Waba yimbalasane njengaloo magorha mathathu, waba yinkokheli yelo qela lingamashumi amathathu, noxa engabandakanywa kuloo magorha mathathu.

22Enye indoda eyayitshatshele ngemisebenzi yobugorha nguBhenaya unyana kaJoyada waseKabhezeli. Yena wabulala iintshatsheli zamaMowabhi ezimbini. Kwakhona ngemini ekwakukhithika ngayo waya kungena emhadini, wabulala khona ingonyama.

23Wabulala umJiputa owayelufafa oluziimitha ezimbini ezinekota ubude. UmJiputa lo wayephethe umkhonto ongangesibonda, uBhenaya wamgqebha ngebhunguza, hlasi loo mkhonto, wamgwaza kwangawo loo mJiputa.

24Zazinjalo ke izigigaba zikaBhenaya unyana kaJoyada; naye wayedume njengaloo magorha mathathu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

25Wayebalasele phakathi kwaloo magorha angamashumi amathathu, kodwa wayengabandakanywanga kuloo magorha mathathu. UDavide wamenza inkokheli yabalindi bokumkani.

26Nanga loo magorha: NguAsayeli umntakwabo-Jowabhi, uEl-hanani unyana kaDodo waseBhetelehem,

27uShamoti waseHarori, uHeleze wasePelon,

28uIra unyana kaIkeshe waseTekowa, uAbhiyezere waseAnatoti,

29uSibhekayi waseHusha, uIlayi waseAhoyi,

30uMaharayi waseNetofa, uHelede unyana kaBhana waseNetofa,

31uItayi unyana kaRibhayi waseGibheya kwaBhenjamin, uBhenaya wasePiraton,

32uHurayi wamaxandeka aseGahashe, uAbhiyeli waseBhete-arabha,

33uAzemavete waseBhawurim, uEliyabha waseShalebhon,

34oonyana bakaHashem waseGizon, uJonatan unyana kaShage waseHarari,

35uAhiyam unyana kaSakare waseHarari, uElifali unyana kaUre,

36uHefere waseMekera, uAhija wasePelon,

37uHezero waseKarmele, uNarayi unyana kaEzebhayi,

38uJoweli umtakwabo-Natan, uMibhare unyana kaHagri,

39uZeleki umAmon, uNaharayi waseBheroti, umphathi-zikrweqe zikaJowabhi unyana kaZeruya,

40uIra waseItri, uGarebhe waseItri,

41u-Uriya umHeti, uZabhadi unyana ka-Alayi,

42uAdina unyana kaShiza, umRubhen owayeyinkulu yamaRubhen, enamadoda angamashumi amathathu kunye naye,

43uHanan unyana kaMahaka, uYoshafati waseMeten,

© 1996 Bible Society of South Africa.

44u-Uziya waseAshterati, uShama noYeyeli oonyana bakaHotam waseArohere,

45uYediyali unyana kaShimri, umntakwabo uYowa waseTizi,

46uEliyeli waseMahavi, uJeribhayi noYoshaviya oonyana bakaElnam, uItema umMowabhi,

47uEliyeli, no-Obhedi, noYasiyeli waseMezobhaya.

1 Yeziganeko 12

Abazibandakanye noDavide eZikelage

1La ngamadoda awaya kuDavide eZikelage, ngokuya wayegxothiwe nguSawule unyana kaKishe. Yayingamanye kumajoni awayesima nawo edabini.

2Ayexhobe ngeentolo neenkwitshi, iinto ezidubula ngazo zozibini esokunene nesasekhohlo. Yayingamadoda endlu kaBhenjamin, izizalwana zikaSawule.

3Ewe, la madoda iingqwayi-ngqwayi zawo yayinguAhizene noYowashe, oonyaba bakaShemawa waseGibheya; wona inguYeziyeli noPelete, oonyana baka-Azemavete; uBheraka, uYehu waseAnatoti,

4noIshmaya waseGibheyon, igorha kulaa mashumi mathathu elaliyingqwayi-ngqwayi yawo; uJeremiya, uYaziyeli, uYohanan, uYozabhadi waseGedera,

5uEluzayi, uJerimoti, uBheliya, uShemariya, noShefatiya umHarufi,

6uElikana, uYeshiya, uAzarele, uYowezere, noYashobhewam, amaKora;

7noYowela noZebhadiya oonyana bakaJeroham zaseGedore.

8Namanye kumaGadi awelela kuDavide ngoko asenqabeni yakhe entlango. Yayingamatsha-ntliziyo aqule aligangatha, iinto ezinesandla ngakumkhonto nekhaka. Yayizizinto ezibuso bungwanyalala okwengonyama, izinto ezisantya ngathi yimbabala yentaba.

9Ayekhokelwa nguEzere, esalekelwa nguObhadiya, kulandele uEliyabhi,

10owesine inguMismana, owesihlanu inguJeremiya,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[11]uAtayi ingowesithandathu, uEliyeli ingowesixhenxe,

[12]owesibhozo inguYohanan, uElizabhadi ingowethoba,

[13]uJeremiya ingoweshumi, oweshumi elinanye inguMakebhanayi.

[14]La maGadi yayiziingqwayi-ngqwayi zomkhosi, nelona tyutyusi kuwo sasingeyontanga yalo nekhulu, noyena makhonya kuwo engeyontanga yalo newaka.

[15]Ngawo la awela umlambo iJordan ngenyanga yokuqala, ingazele iphuphuma, aza abaswantsulisa bonke ababemi kwiintili zayo empuma nasentshona.

[16]Kananjalo namanye amaBhenjamin ekunye nabathile bakwaJuda awelela kuDavide ngoko asenqabeni yakhe.

[17]UDavide waphuma wawahlangabeza, wathi kuwo: “Ukuba ngaba nize ngoxolo apha kum, ngenjongo yokundincedisa, ndiyanamkela, singamanyana. Kambe ke, ukuba kuthe kanti nize ngeenjongo zokundintama ezintshabeni zam, ngoku ndingasenanxa namntu, ngamana anganibona uThixo woobawo, anibuyekeze.”

[18]Ke uMoya wehla phezu koAmasayi ingqwayi-ngqwayi yaloo mashumi mathathu, waza wathi: “Thina singabakho, Davide! Singabakho, mfo kaJese! Makube yimpumelelo kuwe, baphumelele nabo bakuxhasayo, kuba uThixo wakho uza kukunceda!” Ngoko ke uDavide wawamkela, wawenza iingqwayi-ngqwayi zamabutho okuhlasela.

[19]Namanye kumadoda akwaManase awelela kuDavide xa wayekunye namaFilistiya, besilwa noSawule. Kambe ke yena naloo madoda akhe zange bade bawancedise amaFilistiya lawo, kuba athi akuba ethetha-thethene, umlawuli wawo wamgxotha, esithi: “Le nto ingangumngcipheko kwakuthi – hleze asuke akreqe kuthi, axhase inkosi yakhe uSawule.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

20Ke ekuyeni kwakhe eZikelage, nanga amaManase azibandakanya noDavide:
uAdena, uYozabhadi, uYediyali, uMikayeli, uJozabhadi, uElihu, noZiletayi,
iingqwayi-ngqwayi zamabutho akwaManase.

21UDavide amnceda kumabutho ahlaselayo. Kaloku onke ayengoompondo-
zihlanjiwe, eziingqwayi-ngqwayi emkhosini wakhe.

22Amadoda aphikela ukuwelela kuDavide mihla le, wada ke wanomkhosikazi
owomeleleyo.

Abazibandakanye noDavide eHebron

23La ngamanani amadoda omkhosi awazibandakanya noDavide eHebron,
ukuze umbuso kaSawule awubhukuqe uwele kuDavide ngokomlomo
kaNdikhoyo:

24awakwaJuda, iinto eziqule zaligangatha, zixhobe ngomkhonto nekhaka,
yayingamawaka amathandathu namakhulu asibhozo;

25awakwaSimon, iinto eziqule zaligangatha, zilindele umayenzeke,
yayingamawaka asixhenxe nekhulu;

26awakwaLevi, ingamawaka amane namakhulu amathandathu,

27ekunye noJoyada intloko yendlu ka-Aron, kunye namadoda angamawaka
amathathu namakhulu asixhenxe,

28noZadoki igorha lomfana, namagosa endlu yakowabo angamashumi
amabini anesibini;

29awakwaBhenjamin kuloSawule, ayengamawaka amathathu, awayesoloko
engakuSawule ukuza kuthi gaa ngelo thuba;

30awakwaEfrayim, amagorha aziwayo nakowawo, yayingamashumi amabini
amawaka namakhulu asibhozo;

31awesiqingatha sikaManase, awayekhutshelwe ukuza kumisela uDavide
ukuba abe ngukumkani, yayilishumi elinesibhozo lamawaka;

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

32awakwaIsakare, izinto ezaziwaqonda amaxesha, ziyazi into afanele
ukuyenza uSirayeli, yayiziinkokheli ezimakhulu mabini, zikunye nezizalwana
zazo ezaziphantsi kolawulo lwazo;

33awakwaZebhulon, oomakad' enetha bamajoni, izinto ezichophele imfazwe,
zilungele nasiphi na isixhobo, zizimisele ukunceda uDavide zingenakumbi,
yayingamashumi amahlanu amawaka;

34awakwaNafetali yayiliwaka lamagosa kunye nezinto eziphath' ikhaka
nomkhonto, zingamashumi amathathu anesixhenxe amawaka;

35awakwaDan, izinto ezilindele umayenzeke, yayingamashumi amabini
anesibhozo amawaka namakhulu amathandathu;

36awakwa-Ashere, oomakad' enetha bamajoni, izinto ezilindele umayenzeke,
yayingamashumi amane amawaka;

37awangaphesheya kweJordan, kwaRubhen noGadi nesiqingatha sikaManase,
izinto ezixhobe ngeendidi zonke, yayingamawaka alikhulu namashumi
amabini.

38Onke la yayingamajoni azinikelayo ukuze angene emabuthweni. Wona aya
eHebron ezimisele ukuba uDavide amenze ukumkani phezu kwakhe ewonke
uSirayeli. Ewe, amaSirayeli xa ewonke jikelele ayemoya mnye wokuba
uDavide abe ngukumkani wawo.

39Loo madoda ke ahlala iintsuku zantathu apho esitya esela oko
akulungiselelwe ngamawabo.

40Kaloku noogxa bawo ababevela kwaIsakare, kwaZebhulon, nakwaNafetali,
beza nokutya, bekuthwele ngeedonki, iinkamela, iimeyile, neenkabi
zeenkomo. Ukutya kwakudlal' abantwana: umgubo wengqolowa,
amaqebengwane amakhiwane naweerasentyisi, iwayini, amafutha omnquma,
iinkomo, neegusha. Kaloku yayiyimincili kwaSirayeli.

1 Yeziganeko 13

Ityesi yomnqophiso ilandwa eKiriyati-yarim

(2 Sam 6:1-11)

© 1996 Bible Society of South Africa.

1Ke kaloku uDavide wathetha-thethana namaphakathi akhe onke, lawo
aphethe amajoni aliwaka nalawo aphethe alikhulu.

2Kananjalo wabhekisa kwibandla likaSirayeli liphelele, wathi: “Xa nibona
kufanelekile, futhi kuyintando kaNdikhoyo uThixo wethu, masiwagqogqe
amawethu kuyo yonke imimandla yakwaSirayeli, singabashiyi ababingeleli
nabaLevi abakwalapho kwezo dolophu ngokunjalo nasemaphandleni, bonke
mabeze kuzibandakanya nathi.

3Kambe masiyibuyise ityesi kaThixo wethu, kuba kakade asizange sibuzise
kuye ngalo lonke ithuba lolawulo lukaSawule.”

4Xa lilonke ibandla lavumelana kwezi mbono, kuba le nto yafumaneka
ilungile kumntu wonke.

5Ngoko ke uDavide wahlanganisa uSirayeli wonke jikelele ukusukela
kumlambo iShikore kwelaseJiputa kuye kwinkalo yaseHamati, ukuze
kulandwe ityesi kaThixo eKiriyati-yarim.

6UDavide namaSirayeli ewonke waya eBhala kwaJuda (eKiriyati-yarim)
ukuze ithathwe khona ityesi kaThixo leyo ibizwa ngegama lakhe uNdikhoyo.
Ke yena ungqendeve phakathi kwezithunywa ezimaphiko.

7Bayithatha ke ityesi kaThixo endlwini ka-Abhinadabhi, beyithwele
ngenqwelo entsha, ikhokelwa ngu-Uza noAhiyo.

8UDavide namaSirayeli ephela babebhiyoza ngamxhelo mnye phambi
koThixo, becula iingoma, bekhalisa iihaphu, iikatala, amagubu, amacangci,
namaxilongo.

9Bathi bakufika ngasesandeni sikaKidon, zakhubeka iinkabi, waza u-Uza
wayibamba ityesi yomnqophiso eyixhasa.

10Wavutha umsindo kaNdikhoyo ngaku-Uza, waza wambetha wafa, kuba
eyichukumise ngesandla ityesi leyo. Ngoko ke wafa ngoko nangoko ebulawa
nguThixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11Wakhathazeka uDavide, kuba umsindo kaNdikhoyo utyhobozele ku-Uza.
Loo ndawo ke kwathiwa yiPereze-uza ukubizwa kwayo unanamhla.

12Wangenwa kukoyika uThixo ngaloo mini uDavide, wathi: “Yaz'ba
ndingayithabathela njani na kum ityesi kaThixo?”

13Ngoko ke wayiyeka ityesi leyo, akabi sayibeka kwisixeko sikaDavide.
Ndaweni yaloo nto wayibeka endlwini kaObhedi-edom umGati.

14Yahlala apho ke ityesi kaThixo, kuloo mzi kaObhedi-edom, iinyanga
zantathu. Ke uNdikhoyo wayithamsanqela indlu kaObhedi-edom nento yonke
anayo.

1 Yeziganeko 14

Usapho lukaDavide
(2 Sam 5:11-16)

1Ukumkani uHiram waseTire wathumela izigidimi kuDavide, ziphethe
izibonda zomsedare, zihamba neengcibi zamatye nabachweli, ukuze bakhele
uDavide ibhotwe.

2Ke uDavide waqonda ukuba uNdikhoyo umzinzisile wangukumkani
kwaSirayeli, eqonda nokuba umbuso wakhe uwuphakamise kakhulu ngenxa
yabantu bakhe amaSirayeli.

3Apho eJerusalem ke uDavide wathatha abanye abafazi, waza ke wazala
abanye oonyana neentombi.

4Nanga amagama abantwana bakhe abazelwe eJerusalem: nguShamuwa,
uShobhabhi, uNatan, uSolomon,

5uIbhare, uElishuwa, uElipelete,

6uNoga, uNifege, uYafiya,

7uElishama, uBheliyada, noElifelete.

Ukoyiswa kwamaFilistiya nguDavide
(2 Sam 5:17-25)

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Zakuvakala kumaFilistiya iindaba zokuba uDavide uthanjiswe waba
ngukumkani wakwaSirayeli, akhupha umkhosi wawo, emfuna. Uthe akuyiva
loo nto uDavide wasuka waya kuwahlangabeza.

9Afika ke amaFilistiya ayihlasela intili yamaRafa,

10waza uDavide wabuzisa kuThixo wathi: “Kufuneka ndiwahlasele na
amaFilistiya? Ngaba uza kuwanikela esandleni sam na?” UNdikhoyo wathi
kuye: “Ewe, wahlasele; ndowanikela esandleni sakho amaFilistiya.”

11Waphuma nomkhosi wakhe ke uDavide, waya eBhali-perazim, apho wafika
wawoyisa amaFilistiya. Wavakala esithi: “Njengokutyhoboza kwamanzi
uThixo wenjenjalo ukuzikhukulisa iintshaba zam ngesandla sam.” Ngoko ke
loo ndawo kwathiwa yiBhali-perazim.

12Ke kaloku amaFilistiya abashiya apho oothixo bawo, waza uDavide
wayalela ukuba batshiswe.

13Aphinda ke amaFilistiya ayihlasela loo ntili,

14waza uDavide wabuzisa kuThixo kwakhona, ke yena uThixo wathi kuye:
“Sukuya ngqo kuwo, koko warhawule, uze uwahlasele phaya ngakwimithi
yebhalsam.

15Uze uthi nje ukuba uve isingqisho phaya kwiincopho zemithi yebhalsam,
uphume ungene kuwo, kuba lowo yoba ngumqondiso wokuba uThixo
uhamba phambi kwakho, uza kuwuqwakanisa umkhosi wamaFilistiya.”

16UDavide ke wenza ngokomyalelo kaThixo, baza ke bawuvuthulula umkhosi
wamaFilistiya, ukusuka eGibhiyon kuye kutsho eGezere.

17Udumo lukaDavide ke lwanabela kuzo zonke izizwe, uNdikhoyo wazitsho
zamhlonela.

1 Yeziganeko 15

Ityesi kaThixo iziswa eJerusalem

(2 Sam 6:12-22)

© 1996 Bible Society of South Africa.

1Emva kokuba uDavide ezenzele izakhiwo kwisixeko sikaDavide, walungisa
indawo yokuhlala ityesi kaThixo, waza wamisa intente ukuze ihlale kuyo.

2UDavide wathi: “Le tyesi kaThixo ayinakuthwalwa mntu wumbi ngaphandle
kwabaLevi, kuba ngabo abanyulwayo nguNdikhoyo ukuze bayithwale
balungiselele endlwini yakhe kude kube ngunaphakade.”

3UDavide wawaqokelela onke amaSirayeli, wawahlanganisela eJerusalem
ukuze kubuyiswe ityesi kaNdikhoyo, iziswe kuloo ndawo wayeyilungiselele
yona.

4Wayiqokelela yonke inzala ka-Aron nabaLevi:

5Abenzala kaKohati: u-Uriyeli inkulu yezizalwana ezilikhulu elinamashumi
amabini;

6abenzala kaMerari: uAsaya inkulu yezizalwana ezingamakhulu amabini
namashumi amabini;

7abenzala kaGershom: uJoweli inkulu yezizalwana ezilikhulu elinamashumi
amathathu;

8abenzala kaElizafan: uShemaya inkulu yezizalwana ezimakhulu mabini;

9abenzala kaHebron: uEliyeli inkulu yezizalwana ezimashumi asibhozo;

10abenzala kaUziyeli: uAminadabhi inkulu yezizalwana ezilikhulu elineshumi
elinesibini.

11UDavide wabiza ababingeleli uZadoki noAbhiyatare, nabaLevi u-Uriyeli,
uAsayiya, uJoweli, uShemaya, uEliyeli, noAminadabhi.

12Wathetha nabo wathi: “Nini abaziinkulu zendlu kaLevi. Nina ke nabaLevi
bonke zihlambululeni, ukuze nibuyise ityesi kaNdikhoyo uThixo kaSirayeli,
ize endaweni endiyilungiselele yona.

13Kwakungenxa yokuba yayingeziswanga nini baLevi kuqala, ukuze nje
uNdikhoyo uThixo wethu asivukele ngomsindo. Sasingazange sibuzise kuye
ngendlela efanelekileyo yokuyizisa.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Ngoko ke ababingeleli nabaLevi bazihlambulula ukuze babuyise ityesi
kaNdikhoyo uThixo kaSirayeli.

15AbaLevi bayithwala ityesi kaThixo, beyiphethe ngezibonda, beyixwaye
emagxeni ngokomyalelo kaMosis awawenza ngokwelizwi likaNdikhoyo.

16UDavide wayalela izikhulu zabaLevi, wathi mazimise abanye kumawabo
babe ziimvumi, bamemelele becula iingoma bekhatshwa zizikhalisi:
imirhubhe, iihapu, namacangci.

17Ngoko ke abaLevi banyula uHeman unyana kaJoweli, nakubantakwabo
uAsafu unyana kaBherekiya, baza kubantakwabo oonyana bakaMerari
banyula uEtan unyana kaKushaya,

18kunye nabantakwabo abanezikhundla ezinganeno: uZekariya, uYaziyeli,
uShemiramoti, uYehiyeli, u-Uni, uEliyabhi, uBhenaya, uMaseya, uMatitiya,
uElifele, uMikeneya, uObhedi-edom, noYehiyeli, abagcini-masango.

19Ke zona iimvumi, uHeman, uAsafu, noEtan, babeza kukhalisa amacangci
obhedu.

20Aba babeza kukhalisa iihapu ezilizwi liyisoprano: uZakariya, uHaziyeli,
uShemiramoti, uYehiyeli, u-Uni, uEliyabhi, uMaseya, noBhenaya,

21kunye noMatitiya, uElifele, uMikeneya, uObhedi-edom, uYehiyeli,
noAzaziya, bona babeza kudlala iihapu ezilizwi liyibhesi.

22UKenaniya inkulu yabaLevi yayinguye umphathi wekwayala, ingumsebenzi
wakhe lowo, kuba kakade wayeyingcali kwelo cala.

23UBherekiya noElikana babengabagcini-masango, besalusa ityesi kaThixo.

24Aba ke babeza kukhalisa amaxilongo phambi kwetyesi kaThixo:
uShebhaniya, uYoshafati, uNataniyeli, uAmasayi, uZekariya, uBhenaya,
noElizere. UObhedi-edom noYehiya nabo babengabagcini-masango, besalusa
ityesi kaThixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

25Ke kaloku uDavide, namadoda amakhulu akwaSirayeli, kunye neengqwayi-
ngqwayi zomkhosi, benyuka baya kuthatha ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo
eyayisendlwini kaObhedi-edom. Babehamba benemincili

26ngenxa yokuba uThixo ebancedile abaLevi ababethwele ityesi yomnqophiso
kaNdikhoyo, kwenziwa umbingelelo ngeenkunzi zeenkomo ezisixhenxe,
neenkunzi zeegusha ezisixhenxe.

27Ke uDavide nabaLevi ababethwele ityesi, ngokunjalo neemvumi kunye
noKenaniya owayengumphathi-kwayala, bonke babethe wambu iminweba
yelinen entle kunene. Kananjalo ke uDavide wayefake nesidanga esenziwe
ngelinen.

28Ngoko ke wonke uSirayeli waya kuyithatha wayibuyisa ityesi yomnqophiso
kaNdikhoyo, ehamba ekhwaza ekhalisa nezigodlo zenkunzi yegusha,
amaxilongo, amacangci, iihapu, nemirhubhe.

29Ekungeneni kwabo netyesi yomnqophiso kaNdikhoyo esixekweni
sikaDavide uMikali intombi kaSawule wayebukele, ekrobe ngefestile. Wathi
ke, akubona ukumkani uDavide exhentsa ebhiyoza, yamtsho wamcekisa
entliziyweni yakhe loo nto.

1 Yeziganeko 16

1Bahamba nayo ityesi kaThixo, bayibeka ngaphakathi kwintente eyenzelwe
yona nguDavide, baza ke benzela uThixo amadini atshiswayo
nawobudlelwane.

2Uthe akugqiba ukwenza loo madini atshiswayo nawobudlelwane uDavide
wacelela abantu amathamsanqa kuNdikhoyo.

3Kamva ke wonke umSirayeli, indoda nomfazi, wamnika iqebengwana
lesonka nesuntswana leedatile neleerasentyisi.

4Wamisela abaLevi abathile ukuze balungiselele phambi koNdikhoyo, benze
izikhungo, imibulelo, neendumiso zokubonga uNdikhoyo uThixo kaSirayeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5Babekhokelwa nguAsafu, isekela inguZakariya, kulandela uYehiyeli, uShemiramoti, uYehiyeli, uMatitiya, uEliyabhi, uBhenaya, uObhedi-edom, noYehiyeli. Babeza kukhalisa imirhubhe neehapu, uAsafu abethe amacangci,

6ababingeleli uBhenaya noYaziyeli bona bavuthele amaxilongo njalo-njalo apho phambi kwetyesi yomnqophiso kaThixo.

Umhobe wokubulela
(Ndum 105:1-15; 96:1-13; 106:1,47-48)

7Ngaloo mini ke uDavide wanikela lo mhobe wokubulela uNdikhoyo kuAsafu namahlakani akhe:

8Bulelani uNdikhoyo, ninqule igama lakhe, nizibalisel' iintlanga ngezintw' asenzele zona.

9Mombeleleni, mbongeni, zixeleni izintw' ezimangalisayo asenzele zona!

10Qhayisani ngegama lakhe elilodwa; mabachwayite abo bamnqulayo uNdikhoyo!

11Lufuneni kuNdikhoyo uncedo; mfunen' aph' akhoyo ngawo onke amaxesha.

12Ze nizikhumbule izinto asenzele zona: imimiselo ayenzileyo, nemithetho ayiwisileyo.

13Nina niyinzala yesicaka sakhe uSirayeli, nilusapho lukaYakobi umnyulwa wakhe.

14UThixo wethu nguNdikhoyo; yeyehlabathi lonke imithetho yakhe.

15Akasokuwulibala naphakade umnqophiso wakhe, awawenzela izizukulwana ngezizukulwana.

16Ndixel' umnqophiso awawenza noAbraham, kwanesifungo asenze kuIsake.

17Kaloku wamnik' ummiselo uNdikhoyo uYakobi, wamnik' umnqophis' ongasoz' uphele uSirayeli,

18esithi: “Wena ndokunik' umhlaba waseKanana, ube sisabelo esililifa lakho.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

19Babengabantw' abambalwa nje, bengazelwe nto; babengabaphambukeli kuphela nje kuloo mhlaba.

20Babebhadula kumazwe ngamazwe, besuka kolunye ulawulo baye kolunye.

21Kodwa uThixo akavumanga ukuba batsaliswe nzima; ude wazohlwaya neekumkani ngenxa yabo.

22Watsho esithi: “Ze ningabachukumisi abathanjiswa bam, ningakhe nibenzakalise abashumayeli bam.”

23Mombeleleni uNdikhoyo, hlabathi lonke, zivakaliseni mihla le iindaba zakhe zosindiso.

24Zibaliseleni ngesihomo nesithozela sakhe iintlanga; zixeleleni ngemimangaliso ayenzileyo zonke izizwe.

25Kaloku yingangalala uNdikhoyo, ufanelwe yimbeko enkulu. Ufanelwe kukoyikwa ngaphezu kwezithixo zonke,

26kuba yimifanekiso nje izithixo zeentlanga, kodwa yena uNdikhoyo wadal' oomazulu.

27Yena unesihomo nesithozela; kukho ubungangamsha nemincili ekhayeni lakhe.

28Mbongeni uNdikhoyo, nina bemi bomhlaba; mbongeni kuba unewonga namagunya.

29Mnikeni imbeko efanele igama lakhe; sondezani amadini, nize phambi kwakhe. Mnquleni uNdikhoyo, yena unesihomo nesithozela.

30Malingcangcazele lonk' ihlabathi phambi kwakhe; nguye oya kubagweba ngobulungisa bonke abantu.

31Gcobani, mazulu, lichwayite ihlabathi. Zixeleleni iintlanga ukuba uNdikhoyo nguKumkani.

32Gquma, wena lwandle, nako konke okwakho; makayeyezele amadlelo nezinto ezikuwo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

33Mayombele imithi emahlathini, ibe nemihlali phambi koNdikhoyo, kuba uyeza uNdikhoyo – uza kuligweba ihlabathi.

34Bambani ngazibini, kuba ulungile uNdikhoyo. Kaloku izibele zakhe ziya kuhlala zikho ngonaphakade.

35Hlahlambani nithi: “Sisindise, Thixo onguMsindisi wethu! Siqokelele usihlangule phakathi kweentlanga, ukuze sikubulele, silibonge igama lakho elingcwele.”

36Makabongwe uNdikhoyo uThixo kaSirayeli kususela ngoku kude kube nini-nini! Ke kaloku bonke abantu bathi: “Huntshuu! Makabongwe uNdikhoyo!”

Unqulo eJerusalem naseGibheyon

37Ke kaloku uDavide wamshiya apho phambi kwetyesi kaNdikhoyo uAsafu namahlakani akhe ukuze basoloko belungiselela ngokweemfuneko zemini nganye.

38Kananjalo wamshiya no-Obhedi-edom namahlakani akhe angamashumi amathandathu ukuze nabo balungiselele. UObhedi-edom, unyana kaJedutun, kunye noHosa, yayingabagcini-masango.

39Umbingeleli uZadoki namahlakani akhe uDavide wabashiya esibingelelweni sikaNdikhoyo kwindawo yonqulo eGibheyon,

40ukuze bahlale besenzela uNdikhoyo amadini atshiswayo kwelo qonga lamadini atshiswayo, loo nto ke beyenza kusasa, nasemalanga, ngokwemimiselo yonke ebhalwe encwadini yomthetho kaNdikhoyo leyo wayinikezela kuSirayeli.

41Apho kubo ke washiya noHeman noJedutun nabo bonke ababenyuliwe bakhankanywa ukuze benze imibulelo kuNdikhoyo ngenxa yezibele zakhe ezingatshitshiyo.

42UHeman noYedutun ngabo ababemiselwe ukuhlokomisa amaxilongo namacangci kananjalo badlale nezinye izikhalisi zeengoma zokudumisa uThixo. Ke bona oonyana bakaYedutun bamiselwa isango.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

43Ke kaloku bonke abantu bemka, yangulowo nalowo wagoduka. NoDavide
ke wagoduka, waya kuthamsanqela usapho lwakhe.

1 Yeziganeko 17

Isithembiso sikaThixo kuDavide
(2 Sam 7:1-17)

1Akuba uDavide ezinzile kwikomkhulu lakhe wathetha nomshumayeli
uNatan, wathi: “Khangela, mna ndihlala kwibhotwe elakhiwe ngamaplanga
omsedare, ukanti yona ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo ihlala nje ententeni.”

2UNatan wathi kuDavide: “Nantoni na oyicingayo ungayenza, uThixo
unawe.”

3Ngobo busuku ke lafika kuNatan ilizwi likaThixo lisithi:

4“Hamba uye kuxelela isicaka sam uDavide uthi: ‘Utsho uNdikhoyo ukuthi:
Asinguwe umntu oza kundakhela indlu endiya kuhlala kuyo.

5Ukususela mhla ndamkhupha eJiputa uSirayeli kude kube namhla andizange
ndihlale endlwini. Ndasoloko nditshintsha izikhundla, ndithi ndikule indawo
yokumisa intente, ndibe ndikuleya.

6Oko ndajikeleza ndihamba namaSirayeli, andizange ndikhalaze kwiinkokheli
endaziyalela ukuba zaluse abantu bam, andizange ndizibuze ndithi: Ngani
ukuba ningandakheli indlu yomsedare?’

7“Ke ngoko, yithi kuDavide isicaka sam: ‘Utsho uNdikhoyo onamandla onke
ukuthi: Wena Davide ndakuthatha emadlelweni, ekwaluseni iigusha,
ndakwenza umlawuli wabantu bam amaSirayeli.

8Ndakukhapha kwiindawo zonke owawuhamba kuzo, ndazisusa zonke
iintshaba zakho phambi kwakho. Ngoko ke ngoku igama lakho ndiza kulenza
lidume lifane nelabakhulu emhlabeni.

9Abantu bam amaSirayeli ndobabonela indawo abaza kuma kuyo,
ndibazinzise, babe nendawo yabo, bangabuye babandezelwe nanini. Abantu

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

abakhohlakeleyo abayi kuba sabacinezela njengoko bebesenjenjalo ngaphambili,

10ukusukela kwimihla endabamisela abantu bam amaSirayeli iinkokheli. Ndiza kuzoyisa zonke iintshaba zakho. “ ‘Nditsho kuwe ukuthi nguNdikhoyo oya kuyizinzisa indlu yakho.

11Yakuphela imihla yakho, xa sowuye kuphumla kooyihlo, ndokuvusela ihlumelo, lithathe isikhundla sakho. Ewe, nditsho omnye woonyana bakho. Ndiya kuluzinzisa ulawulo lwakhe.

12Nguye ke oya kundakhela indlu, ndiluzinzise ulawulo lwakhe ngonaphakade.

13Mna ndiya kuba nguyise kuye, yena abe ngunyana wam. Uthando lwam kuye alusoze lutshitshe, njengoko lwenzayo kumfo owangena esikhundleni sakhe wena.

14Ndiya kummisela endlwini yam, alawule kude kube ngunaphakade. Ewe, ulawulo lwakhe lohlala ngonaphakade.’ ”

15Ke uNatan waya kuxelela uDavide onke amazwi alo mbono.

Umthandazo kaDavide
(2 Sam 7:18-29)

16Ke kaloku ukumkani uDavide wangena waya kuhlala phambi koNdikhoyo, waza wathi: “Kuxa ndingubani mna, Ndikhoyo Thixo? Iyintoni yona indlu yam, ukuba ude uze kundibeka kule ndawo ndikuyo ngoku?

17Kanti ke akwanelanga ukwenjenjalo kuphela, Thixo: ngoku uthetha nangekamva lendlu yesicaka sakho. Ewe, Ndikhoyo, Thixo wam, ude wandiphatha ngathi ndingumntu onewonga.

18“Mandithini, mna Davide, ukuthetha nawe, Ndikhoyo, wena osiwonga kangaka isicaka sakho? Kaloku uyabazi ubunjani besicaka sakho!

19Ngenxa yesicaka sakho, nangokuthanda kwakho, wenze le nto inkulu kangaka, waza wavakalisa nezi zithembiso zingaka.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

20“Akakho onjengawe, Ndikhoyo, kungekho naThixo ngaphandle kwakho,
njengoko sazivelayo ngezi zethu iindlebe.

21Ngoobani abanjengabantu bakho amaSirayeli? Kaloku wona asisizwe
ekukuphela kwaso ehlabathini esiThixo waso waphumayo waya
kuzikhululela abantu bakhe, ukuze uzenzele igama ngezigigaba
ezimangalisayo, xa wawuqwakanisa izizwe uzigxotha khon' ukuze endaweni
yazo kungene abantu owabakhulula kwelaseJiputa.

22Waza ke amaSirayeli wawenza abantu bakho ncakasana ngonaphakade.
Wena ke, Ndikhoyo, waba nguThixo wabo.

23“Ngoku ke, Ndikhoyo, isithembiso osenzileyo ngokuphathelele kwisicaka
sakho kunye nendlu yaso masibe njalo ngonaphakade. Yenza
ngokwesithembiso sakho,

24ukuze sona sizinze, negama lakho libalasele ngonaphakade. Nabantu ke
botsho bathi: ‘UNdikhoyo uSomandla, uThixo kaSirayeli, nguye uThixo
wakhe.’ Nendlu yesicaka sakho uDavide ke iya kuzinza phambi kwakho.

25“Wena Thixo wam, usithyilele isicaka sakho ukuba uya kusakhela indlu.
Yiyo ke loo nto isicaka sakho sibe nobuganga bokuthandaza kuwe.

26Wena Ndikhoyo, unguThixo! Isicaka sakho esi usenzele esi sithembiso sihle
kangakanana.

27Wena ubone kufanelekile ukuba uyithamsanqele indlu yesicaka sakho esi,
ukuze ihlale ikukhonza njalo. Kaloku wena Ndikhoyo, uyithamsanqele, ngoko
ke yothamsanqeleka ngonaphakade!”

1 Yeziganeko 18

Uloyiso lukaDavide ezimfazweni
(2 Sam 8:1-18)

1Ke kaloku ekuhambeni kwexesha uDavide wawahlasela amaFilistiya
wawoyisa, wayihlutha iGati namaphandle ayingqongileyo, ayabi sabakho
phantsi kwamaFilistiya.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Ngokunjalo wawoyisa namaMowabhi, aza aba phantsi kwakhe, amnika imirhumo.

3Kananjalo uDavide walwa nokumkani waseZobha uHadadizere, wamoyisa, wamsukelisa, waya kumfaka eHamati, xa kanye wayezama ukumilisela ulawulo lwakhe kummandla womlambo iEfrati.

4UDavide wathimba iwaka leenqwelo zakhe, kunye namawaka asixhenxe abakhweli-mahashe, ngokunjalo namashumi amabini amawaka amajoni ahamba ngeenyawo. Amahashe ke wawanqumla imisipha, washiya amahashe eenqwelo alikhulu.

5Athe ke ama-Aram aseDamasko akuzama ukuncedisa uHadadizere ukumkani waseZobha, wasuka uDavide wabulala amashumi amabini anambini amawaka awo.

6Wasuka ke wabeka amabutho akhe kuwo wonke umbuso wama-Aram aseDamasko, ahlala ephantsi kwakhe, akhupha imirhumo kuye. UDavide wanikwa uloyiso nguNdikhoyo apho konke ahamba khona.

7UDavide wawahlutha amakhaka egolide awayephathwa ngamaphakathi kaHadadizere, waya nawo eJerusalem.

8Kwiidolophu zikaHadadizere iTebha neKun, uDavide wathimba intaphane yobhedu olwasetyenziswa nguSolomon xa wayesenza ichibi lobhedu, iintsika, kwanezinye izinto ezazenziwe ngobhedu.

9Zaya kutsho naseHamati kukumkani uToyu iindaba zokoyiswa nguDavide komkhosi wokumkani waseZobha uHadadizere.

10Wandulula unyana wakhe uHadoram ukuba ase imibuliso yakhe kukumkani uDavide, avuyisane naye ngokoyisa kwakhe uHadadizere owalwa kaninzi-ninzi nokumkani uToyu. UHadoram waphathela uDavide izipho ezenziwe ngegolide nangesiliva nangobhedu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[11]Ezo zipho ke uDavide wazinikezela kuNdikhoyo, kwanjengoko wenjenjalo ngesiliva negolide awayeyithimbe kuzo zonke ezi zizwe: amaEdom, amaMowabhi, ama-Amon, amaFilistiya, nama-Amaleki.

[12]Ke uAbhishayi unyana kaZeruya wabulala ishumi elinesibhozo lamawaka amaEdom kwiNtlambo yeTyuwa.

[13]Wamisa amabutho akhe e-Edom, aza amaEdom aba phantsi koDavide. UNdikhoyo wamnika uloyiso uDavide konke apho ahamba khona.

Amagosa kaDavide

[14]Ke kaloku uDavide walawula uSirayeli ewonke jikelele, ebaphethe kakuhle nangobulungisa bonke abantu bakhe.

[15]UJowabhi, unyana kaZeruya, wayeyinjengele yomkhosi, uYoshafati, unyana ka-Ahilude, engumthathi-manqaku.

[16]Ke yena uZadoki, unyana ka-Ahitubhi, noAhimeleki, unyana ka-Abhiyatare, babengababingeleli, uShavesha yena engunobhala.

[17]UBhenaya, unyana kaJoyada, wayongamele abalindi abangamaKreti namaPleti. Ke bona oonyana bakaDavide bengamaphakathi kakumkani aphambili.

1 Yeziganeko 19

UDavide woyisa ama-Amon

(2 Sam 10:1-19)

[1]Emva koko wafa ukumkani uNahashe wama-Amon, kwaza ke esikhundleni sakhe kwalawula unyana wakhe.

[2]Ke uDavide wathi: “Mandimenzele ububele uHanun, unyana kaNahashe, kuba uyise wandenzela ububele.” Wathumela izigidimi ke uDavide ukuba ziye kukhuza ukumkani uHanun ngenxa kayise. Athe ke loo madoda akufika kuHanun kwelama-Amon, eze kumkhuza,

[3]zasuka izikhulu zama-Amon zathi kuHanun: “Ucinga ukuba ngaba uDavide lo unika imbeko kuyihlo ngokuthumela la madoda kuwe esithi eze

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

kukukhuza? Ayikho loo nto! La madoda ngoongcothoza; eze kuhlola eli lizwe ukuze akwazi ukulibhukuqa.”

4UHanun wasuka wawabamba loo madoda kaDavide, wawagugula iindevu, nezambatho zawo wazigumpula embindini kwaya kuthi xhaxhe ezimpundwini, waza ke wawandulula.

5Uthe ke uDavide akuxelelwa ngoko kwenzekileyo kula madoda, wathumela izigidimi, zawahlangabeza, kuba kaloku ayehlaziswe gqitha. Ukumkani wathi: “Hlalani eJeriko, ningabuyi de zikhule iindevu.”

6Ke kaloku aqonda ama-Amon ukuba azigqwalisile kuDavide, waza ke uHanun enama-Amon ephela bathumela amashumi amathathu anane amawaka eekhilogram zesiliva, ukuze kuqeshwe iingqwelo namajoni eAram-narayim, eAram-maka, naseZobha.

7Baqesha amashumi amathathu anambini amawaka eenqwelo namajoni azo, kwakunye nokumkani waseMaka nomkhosi wakhe. Ke yena waza wafika wamisa ngaseMedeba; abe ke wona ama-Amon ecombuluka ephuma kuzo zonke iidolophu zawo, exhobele imfazwe.

8Akuyiva loo nto uDavide wakhupha uJowabhi nomkhosi wonke wamagorha.

9Ama-Amon aphuma akha uhlelo lokulwa ngasesangweni lesixeko. Baye ke bona ookumkani ababeze kuncedisa bethe gingqi bodwa phaya ethafeni.

10Ke kaloku uJowabhi wabona ukuba uphahlwe ngumkhosi ngaphambili nangasemva. Ngoko ke wakhetha awona mabutho aphambili kwaSirayeli, wawamisa ajongana nama-Aram.

11Elinye icandelo lomkhosi walinika umntakwabo uAbhishayi, aza ahlelwa loo madoda ajongana nama-Amon.

12UJowabhi wathi: “Ukuba athe andongamela ama-Aram la, kofuneka uze kundihlangula; ukanti ke xa ethe akongamela ama-Amon, nam ndoza kukuhlangula.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Uze uqine, silwe ngobukroti, ngenxa yabantu bethu, nangenxa yezixeko
zoThixo wethu. UNdikhoyo uya kwenza oko kukholekileyo kuye.”

14UJowabhi namabutho akhe wafunza kuwo ama-Aram, aza wona abaleka.

15Athe ke ama-Amon akubona ama-Aram ebaleka, asuka nawo abaleka
angena ngaphakathi esixekweni, esaba kuAbhishayi umntakwabo-Jowabhi.
Ngoko ke uJowabhi wajika waya eJerusalem nomkhosi wakhe.

16Akubona ukuba oyisiwe ngamaSirayeli ama-Aram, athumela amema ama-
Aram aphesheya komlambo iEfrati; aza afika ekhokelwa nguShofaki injengele
yomkhosi kaHadadizere.

17Akuluva olo daba uDavide wawuqokelela wonke umkhosi wakwaSirayeli,
wawela nawo umlambo iJordan. Wathi ngqo kuwo, waza wakha uhlelo
lwakhe ejongene nawo. Ewe, uDavide walwakha uhlelo lwakhe lwangqalana
nama-Aram, zaza ke zanqoza.

18Kambe ke ama-Aram aswantsuliswa ngamaSirayeli, waza uDavide wabulala
isixhenxe samawaka amajoni eenqwelo, kunye namashumi amane amawaka
amajoni ahamba ngeenyawo. Kananjalo wayibulala nenjengele yomkhosi
wawo uShofaki.

19Zonke iikumkani ezaziphantsi kukaHadadizere zathi zakuqonda ukuba
ziyoyiswa ngamaSirayeli, zenza uxolo noDavide, zaba phantsi kwakhe.
Ukususela oko ama-Aram akaphindanga avume ukuwanceda emfazweni ama-
Amon.

1 Yeziganeko 20

Ukuthinjwa kweRabha

(2 Sam 12:26-31)

1Ke kaloku uJowabhi waphuma nawo umkhosi wakowabo ngexesha
lentlakohlaza, ithuba abadla ngokulwa iimfazwe ngalo ookumkani.
Walibhuqa walivuthulula elama-Amon, waza waya kungqinga iRabha. Ke
yena uDavide wayeshiyeke eJerusalem. NeRabha leyo wayihlasela uJowabhi,
wayishiya ingamabhodlo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

2UDavide wasothula isithsaba esasisentloko yokumkani wama-
Amon. Sasibunzima bumalunga namashumi amathathu anantlanu
eekhilogram, senziwe ngegolide, sihonjiswe ngamatye axabisekileyo. UDavide
wasithweswa eso sithsaba. Wathatha amaxhoba amaninzi kweso sixeko,

3abemi balapho wabathatha wabafaka emsebenzini wokusarha, nowokumba,
nokucanda. Wenjenjalo ke uDavide nakwabanye abemi bezixeko zama-Amon.
Emva koko uDavide wabuyela eJerusalem kunye nomkhosi wakhe wonke.

Imfazwe namaFilistiya
(2 Sam 21:15-22)

4Ekuhambeni kwethuba amaSirayeli alwa namaFilistiya eGezere. Ngelo thuba
ke uSibhekayi umHusha wabulala uSipayi ongomnye wenzala kaRafa; aza ke
amaFilistiya oyiswa.

5Kwelinye idabi namaFilistiya uEl-hanani, unyana kaJayire, wabulala uLami
owayengumntakwabo-Goliyati umGati, lowa wayenomkhonto
ongangesibonda.

6Kanti ke kwelinye idabi elaliwa eGati, kwakukho ingxilimbela yomfo otsho
ngeminwe emithandathu ezandleni zozibini nasezinyaweni zombini,
ingamashumi amabini anesine iyonke. Naye wayeyinzala kaRafa.

7Wathi esahlekisa ngamaSirayeli wasuka wabulalwa nguJonatan unyana
kaShimeya umntakwabo-Davide.

8Esi ke yayisisizukulwana sikaRafa eGati. Kambe ke bawela ezandleni
zikaDavide nomkhosi wakhe.

1 Yeziganeko 21

UDavide wenza ubalo
(2 Sam 24:1-25)

1Ke kaloku uSathana wavukela uSirayeli ngokuxhokonxa uDavide ukuze
awabale amaSirayeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2UDavide wathetha noJowabhi nabanye abaphathi bomkhosi, wathi kubo:
“Yiyani kubala amaSirayeli, niqale eBheshebha, nime kwaDan. Nakugqiba ke
nize nindinike ingxelo, ukuze ndilazi inani lawo.”

3Ke yena uJowabhi wathi: “Ngamana uNdikhoyo wabandisa kalikhulu abantu
bakhe. Mhlekazi kumkani, asingobakho bonke na aba bantu? Ngani ke,
mhlekazi, ukuba ufune ukwenza into enje? Ngani ukuba umhlekazi azisele
uSirayeli ityala?”

4Kambe ke ilizwi likakumkani lamoyisa uJowabhi, waza wemka uJowabhi
wamtyhutyha wonke uSirayeli, kamva ke wabuyela eJerusalem.

5Inani lamadoda omkhosi walixela kuDavide. KuSirayeli ephela yayisisigidi
esinekhulu lamawaka, amadoda akwaziyo ukusebenzisa ikrele, kwakunye
namakhulu amane anamashumi asixhenxe amawaka kwelakwaJuda.

6Kambe ke uJowabhi akambalanga uLevi noBhenjamin, kuba kaloku
umyalelo kakumkani wawulumeza kuye.

7Ewe, lo myalelo wawumbi nakuThixo, ngoko ke wasuka wawohlwaya
amaSirayeli.

8UDavide wathi kuThixo: “Ewe, ndenze into embi gqitha ngesi senzo. Ngoko
ke ndiyakubongoza bususe ubutyala bam, mna sicaka sakho. Ndenze into
yobutyhakala.”

9UNdikhoyo wathetha nomshumayeli kaDavide uGadi, wathi:

10“Yiya kuDavide, uthi: ‘Nanga amazwi kaNdikhoyo,’ uthi ndithi makakhethe
kwizinto ezintathu, ukuze ndikwazi ukuthatha amanyathelo.”

11UGadi waya ke kuDavide, wafika wathi: “Utsho uNdikhoyo ukuthi khetha
into amakakwenze yona:

12iminyaka emithathu yembalela, okanye iinyanga ezintathu zinivuthulula
ziniwisa ngamakrele azo iintshaba zenu, kungenjalo ke ibe ziintsuku
ezintathu uNdikhoyo ethumele isithunywa sakhe ukuze sifake ubhubhani

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

kuwo wonke umhlaba wakwaSirayeli. Cingisisa undinike impendulo emandiyise kulowo undithumileyo.”

13UDavide waphendula wathi kuGadi: “Ndisengxakini enkulu. Kodwa ke kubhetele ndiwele ezandleni zikaNdikhoyo, kuba inkulu inceba yakhe. Ewe, andikunqweneli ukuwela ezandleni zabantu.”

14Ngoko ke uNdikhoyo wathumela isibetho sikabhubhani kwaSirayeli, kwaza kwafa amadoda angamashumi asixhenxe amawaka.

15UThixo wathumela isithunywa sakhe ukuze sitshabalalise iJerusalem, kodwa ke sithe sisawenza loo msebenzi, uNdikhoyo wathi akuyibona loo ntlekele suka wazijika iimbono zakhe, wasinqanda ukuze singabatshabalalisi abantu, wathi: “Kwanele, sirhoxise isandla sakho!” Oku kwenzeke xa kanye isithunywa eso sasimi ngasesandeni sokubhula sika-Aravena umJebhusi.

16Wathi akukhangela uDavide wasibona isithunywa sikaNdikhoyo, simi phakathi kwezulu nomhlaba, siphethe ikrele ngesandla, silijongise eJerusalem. Ke uDavide namadoda amakhulu banxiba ezirhwexayo, bakhahlela bawa emhlabeni.

17UDavide wathi kuThixo: “Indim nje othe makabalwe amadoda omkhosi! Ewe kaloku, ndim owonileyo ndenza okugwenxa. Aba bantu bona banjengeegusha; akukho nto bayenzileyo. Hayi, Ndikhoyo, Thixo wam, isandla sakho masohlwaye mna kunye nomzi kabawo; ke yena lo bhubhani sukumyeka abatshabalalise abantu bakho.”

UDavide wakha iqonga lamadini

18Isithunywa sikaNdikhoyo sathetha noGadi, sathi makaye kuxelela uDavide ukuba makakhele uNdikhoyo iqonga lamadini kwesiya sanda sokubhula sika-Aravena umJebhusi.

19Ngoko ke uDavide waya ngokwelo lizwi lalithethwe nguGadi egameni likaNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

20Uthe esabhula ingqolowa uAravena waguquka, wabona isithunywa sikaThixo, baza oonyana bakhe abane ababekunye naye bazimela.

21Wathi akuvela uDavide, uAravena wambona, waza wemka apho esandeni sokubhula, wamhlangabeza, wakhahlela ejongise ubuso emhlabeni phambi koDavide.

22UDavide wathi kuye: “Ndinike lo mhlaba sikuwo esi sanda sokubhula, ukuze ndakhele uNdikhoyo iqonga lamadini, khon' ukuze isibetho sikabhubhani sinqamke ebantwini. Ndithengisele wona ngexabiso lawo.”

23Wathi uAravena kuDavide: “Kulungile, ungawufumana. Inkosi yam ukumkani mayenze ngokubona kwayo; mna ke ndiza kunikela ngeenkabi zeenkomo zokwenza amadini atshiswayo, izileyi zokubhula zoba ziinkuni. Ndonikela nangengqolowa yokwenza umnikelo weenkozo; zonke ezo zinto ndozikhupha.”

24Kambe ke ukumkani uDavide uphendule uAravena wathi: “Ngunotshe lowo! Ndiza kulihlawula lonke ixabiso lazo. UNdikhoyo andinakumnika izinto zakho, ndingayi kwenza mnikelo nadini litshiswayo ngento endingadlekanga ngayo.”

25Ngoko ke uDavide wahlawula uAravena amakhulu amathandathu eegolide ngeso sanda sokubhula.

26UDavide ke wakhela uNdikhoyo iqonga lamadini apho, waza wenza amadini atshiswayo kunye nawobudlelwana. Wanqula uNdikhoyo, waza ke yena waphendula ngokuthobela umlilo ezulwini kwelo qonga lamadini.

27UNdikhoyo ke wathetha naso isithunywa eso, saza salifaka esingxotyeni salo ikrele laso.

28Ngelo xesha ke uDavide akuqonda ukuba uNdikhoyo umphendule apho kweso sanda sokubhula sika-Aravena umJebhusi, wasuka wanikela amadini apho kuso.

© 1996 Bible Society of South Africa.

29Ngelo xesha ke isibingelelo sikaNdikhoyo esasenziwe nguMosis entlango
kunye neqonga lamadini atshiswayo sasisendaweni ephakamileyo yonqulo
eGibheyon.

30Kambe ke uDavide akayanga kubuzisa khona kuThixo, kuba kaloku
wayesoyika ikrele lesithunywa sikaNdikhoyo.

1 Yeziganeko 22

1Ke kaloku uDavide wathi: “Iza kwakhiwa apha indlu kaNdikhoyo uThixo
kunye neqonga lamadini atshiswayo awenzelwa uSirayeli.”

Amalungiselelo okwakha indlu kaThixo

2Ngoko ke uDavide wayalela ukuba kuqokelelwe bonke abasemzini abemi
apho kwaSirayeli, waza ke apho kubo wakhetha abangabaqingqi bamatye,
ukuze bakrole amatye okwakha indlu kaThixo.

3Wakhupha nento eninzi yentsimbi yokwenza izikhonkwane zeengcango
zamasango nezokubethelela, kananjalo nobhedu olubunzima
bungenamlinganiselo.

4Wakhupha nenyambalala yezikhuni zomsedare; kaloku zona uDavide
wayeziphiwe zazininzi gqitha ngamaSidon namaTire.

5UDavide wathi: “Umfana wam uSolomon usemncinci, engekabi nawo
namava, ibe ke yona le ndlu kaNdikhoyo eza kwakhiwa kufuneka ibe
lipomakazi eliyimbalasane, uduma-kude ngobunewu-newu nakuzo zonke
izizwe. Ngoko ke ndiza kuwenza amalungiselelo okwakhiwa kwayo.” Ewe,
uDavide wawenza ngokubanzi amalungiselelo lawo kwangaphambi
kokusweleka kwakhe.

6UDavide wathetha nonyana wakhe uSolomon, wamyalela ukuba akhele
uNdikhoyo uThixo kaSirayeli indlu.

7Wathi apho kuSolomon: “Mfo wam, ndandizimisele ukulakhela indlu igama
likaNdikhoyo uThixo wam.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Kambe ke kwafika ilizwi likaNdikhoyo kum, lisithi: ‘Wena uliphalaze gqitha igazi; ulwe iimfazwe ezininzi gqitha. Ngoko ke asinguwe oya kulakhela indlu igama lam, kuba wena uphalaze igazi elininzi gqitha emhlabeni phambi kwam.

9Kambe ke uza kuba nonyana oya kuba yindoda yoxolo nenzolo; mna ndiya kumthi jize ngenzolo, ndimphumze macal' onke ezintshabeni zakhe. Igama lakhe liya kuba nguSolomon, ibe ke uSirayeli ndiya kumthi jize ngoxolo nenzolo ngexesha lombuso wakhe.

10Nguye ke oya kulakhela indlu igama lam. Yena uya kuba ngunyana wam, mna ndibe nguYise. Ewe, mna ndiya kusizinzisa isihlalo sombuso wakhe phezu koSirayeli kude kube ngunaphakade.’

11Ngoko ke ngoku, nyana wam, ngamana wanawe uNdikhoyo; ngamana waphumelela ekuyakheni indlu kaNdikhoyo uThixo wakho, nanjengoko wayethe uya kuyakha.

12UNdikhoyo ngamana wakupha ingqiqo nokuqonda xa ekufaka ukuba wongamele uSirayeli, khon' ukuze uwuthobele umthetho kaNdikhoyo uThixo wakho.

13Ewe, uya kuba nempumelelo xa uthe wanenyameko wayinonophela imimiselo nemithetho leyo uNdikhoyo wayinikezela uSirayeli ngoMosis. Yomelela ukhaliphe; uze ungoyiki utyhafe!

14“Amalungiselelo ndiwenze ngenyameko, ndilungiselela ukwakhiwa kwendlu kaNdikhoyo. Ndiqokelele iitoni zegolide ezingaphezu kwamawaka amathathu anamakhulu amane, kunye neetoni zesiliva ezingaphezu kwamashumi amathathu anesine amawaka, ukuze kwakhiwe indlu leyo, kwakunye nentaphane yobhedu, kunye nentsimbi ebunzima bungenamlinganiselo, ngokunjalo nemithi namatye. Nawe ke ungazongeza ezo zinto.

15Unabo baninzi abasebenzi, abaqingqi bamatye, iingcibi nabachweli, kunye namadoda angamachule kuzo zonke iindidi zomsebenzi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Igolide nesiliva, ubhedu nentsimbi, ikho ingenamlinganiselo. Ngoko ke
qalisa, uNdikhoyo abe nawe!”

17Ngoko ke uDavide waziyalela zonke iinkokheli zakwaSirayeli ukuze
zincedisane naye unyana wakhe uSolomon.

18Wathi kuzo: “Andithi na kaloku uNdikhoyo uThixo wenu unani? Ewe
kambe, unithe jize ngenzolo ngeenxa zonke! Kaloku uzinikele esandleni sam
zonke iintlanga ezingabemi beli lizwe. Eli lizwe ke ngoko lelikaNdikhoyo
nabantu bakhe.

19Ngoko ke zinikezeleni ngomxhelo wenu wonke kuNdikhoyo uThixo wenu.
Qalisani ukuyakha indlu kaNdikhoyo uThixo, ukuze nibe nako ukuyingenisa
ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo kunye nezinto ezingcwele zikaThixo, zonke
nizifake kuloo ndlu iza kwakhelwa igama likaNdikhoyo.”

1 Yeziganeko 23

AbaLevi

1Ke kaloku uthe akukhula, xa seleyindoda enkulu, uDavide wabeka unyana
wakhe uSolomon wangukumkani kwaSirayeli.

2Kananjalo waqokelela zonke iinkokheli zakwaSirayeli kunye nababingeleli
nabaLevi.

3Babalwa abaLevi ababudala bungamashumi amathathu nangaphezulu, baza
bafumaneka bengamashumi amathathu anesibhozo amawaka.

4UDavide wathi: “Amashumi amabini anesine amawaka abaLevi baya
kongamela umsebenzi wendlu kaNdikhoyo, size isithandathu samawaka sibe
ngamagosa nabagwebi.

5Ke wona amawaka amane aya kuba ngabagcini-masango; kananjalo amanye
amawaka amane adumise uNdikhoyo ngeengoma esebenzisa izikhalisi
endizilungiselele loo njongo.”

6UDavide wabahlula-hlula abaLevi ngokwamaqela oonyana bakaLevi:
uGershon, uKohati, noMerari.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Oonyana bakaGershon nguLadan noShimeyi.

8Oonyana bakaLadan bathathu: nguYehiyeli owamazibulo, ibe nguZetam noJoweli.

9Oonyana bakaShimeyi nabo bathathu: nguShelimoti, noHaziyeli, noHaran. Zizo ezo ke iinkulu zezindlu zakwaLadan.

10-11Oonyana bakaShimeyi bane: nguYahati owamazibulo, kulandele uZina, ibe nguJewushe noBheriya. Ke uJewushe noBheriya babengenanyana baninzi, yaza inzala yabo yabalelwa ekubeni yindlu enye.

12Oonyana bakaKohati bane: nguAmram, noIzare, noHebron, noUziyeli.

13Oonyana baka-Amram nguAron noMosis. UAron nenzala yakhe bachongwa ukuba bagcine izinto ezingcwele zonqulo, bamkhonze uNdikhoyo, bemenzela iziqhumiso, besikelela abantu egameni lakhe kude kube ngunaphakade.

14Ke bona oonyana bakaMosis, umfo wakwaThixo, babalelwa kubaLevi.

15Oonyana bakaMosis nguGershom noElizere.

16Inkulu yoonyana bakaGershom nguShebhuweli.

17Inkulu yoonyana bakaElizere nguRehabhiya. UElizere akazalanga wumbi unyana ngaphandle koRehabhiya, kodwa uRehabhiya wazala oonyana abaninzi gqitha.

18Inkulu yoonyana bakaIzare nguShelomiti.

19Inkulu yoonyana bakaHebron abane nguTeriya, ibe nguAmariya, noYaziyeli, noYekamam.

20Koonyana baka-Aziyeli nguMika inkulu, ibe nguIshiya owesibini.

21Oonyana bakaMerari nguMali noMushi. Oonyana bakaMali nguElazare noKishe.

22UElazare wafa engenanyana, eneentombi zodwa, zaza zathathwa ngamawabo oonyana bakaKishe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

23Oonyana bakaMushi bathathu: nguMali, noEdere, noYeremoti.

24Ezi ke yayizizizukulwana zikaLevi ngokwezindlu zazo – iinkulu zezindlu ngokwamagama okubhaliswa kwazo zibalwa ngazinye, abasebenzi abaminyaka imashumi mabini nangaphezulu, abo babelungiselela endlwini kaNdikhoyo.

25Kaloku uDavide wathi: “Ngoku uNdikhoyo uThixo kaSirayeli ubanike ukuphumla abantu bakhe; yena ke uya kusoloko ehlala ehleli eJerusalem.

26Ngoko ke abaLevi aba akuseyomfuneko kubo ukuthwala isibingelelo nezixhobo ezisetyenziswa kuso.”

27Ngokwalo myalelo kaDavide ke abaLevi babalwa kuqalelwa kwabo baneminyaka emashumi mabini nangaphezulu.

28Umsebenzi wabaLevi aba ke yayikukunceda inzala ka-Aron kumsebenzi wendlu kaNdikhoyo: ukujonga iinkundla namagumbi azo, ukuhlanjululwa kwezinto ezingcwele, nokujongana nayo yonke eminye imisebenzi yendlu kaThixo.

29Yayingabo abajongene nesonka esasihlala etafileni, umgubo womnikelo weenkozo, nemiqhathane enganyuswanga, ukubhaka nokuxuba, nazo zonke iindidi zemilinganiselo.

30Ngazo zonke iintsasa kwakufuneka beme babulele badumise uNdikhoyo; nasemalanga ke kwakufuneka benze kwaloo nto.

31Ukanti nanini na kusenzelwa uNdikhoyo amadini atshiswayo ngeMihla yokuPhumla nangemibhiyozo yokuthwasa kwenyanga, nangawo onke amatheko amisiweyo. Kwakufuneka bahlale belungiselela uNdikhoyo ngamathuba amisiweyo, naloo nto ke beyenza ngendlela emisiweyo.

32Ngoko ke abaLevi abo bawuqhuba umsebenzi wabo apho esibingelelweni nakwindawo engcwele, bephantsi kwabantakwabo abayinzala ka-Aron, belungiselela apho endlwini kaNdikhoyo.

1 Yeziganeko 24

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Ukwahlulwa-hlulwa kwababingeleli

1Oonyana baka-Aron babahlulwa-hlulwe kanje: Naba oonyana baka-Aron:
uNadabhi, uAbhihu, uEliyazare, noItamare.

2Kambe ke yena uNadabhi noAbhihu basweleka bengenanyana
kwangaphambi kokusweleka kukayise. Ngoko ke ababingeleli yaba
nguEliyazare noItamare.

3UDavide wancediswa nguZadoki, owayeyinzala kaEliyazare, kunye
noAhimeleki, owayeyinzala kaItamare; baza ke babahlula-hlula bangamaqela
okulungiselela ngezigaba ezimisiweyo.

4Kwafumaneka iqela elikhulu kwinzala kaEliyazare kunelo lafumaneka
kwinzala kaItamare, baza ke bahlulwa-hlulwa ngokunjalo: Yaba ziinkulu
ezilishumi elinesithandathu kwinzala kaEliyazare, yaziinkulu ezisibhozo
kwinzala kaItamare.

5Babahlula-hlula ngendlela engenaxanasi ngokwenza amaqashiso, kuba
kaloku kwakukho amagosa esibingelelo namagosa ezakwaThixo kuzo zozibini
izizukulwana zikaEliyazare nezo zikaItamare.

6Ke unobhala uShemaya, unyana kaNataniyeli umLevi, wawabhala amagama
abo ekho nokumkani kunye nala magosa: umbingeleli uZadoki, uAhimeleki
unyana ka-Abhiyatare, kunye neenkulu zezindlu zababingeleli kunye
nezabaLevi. Kwakuthathwa indlu ibe nye kuEliyazare, ize ibe nye
nakuItamare.

7Amaqashiso aphuma ngolu hlobo: Elokuqala laphuma noJoyaribhi, elesibini
noYedaya,

8elesithathu noHarim, elesine noSeworim,

9elesihlanu noMalekiya, elesithandathu noMiyamin,

10elesixhenxe noHakoze, elesibhozo noAbhiya,

11elethoba noYeshuwa, eleshumi noShekaniya,

12eleshumi elinanye noEliyashibhi, eleshumi elinesibini noYakim,

© 1996 Bible Society of South Africa.

13eleshumi elinesithathu noHupa, eleshumi elinesine noYeshebhabhi,

14eleshumi elinesihlanu noBhilega, eleshumi elinesithandathu noImere,

15eleshumi elinesixhenxe noHezire, eleshumi elinesibhozo noHapizere,

16eleshumi elinethoba noPetaya, elamashumi amabini noYezekeli,

17elamashumi amabini ananye noJakin, elamashumi amabini anambini noGamuli,

18elamashumi amabini anantathu noDelaya, nelamashumi amabini anane noMaziya.

19Lulo olo ke uluhlu lokusebenzisana kwabo ekulungiseleleni endlwini kaNdikhoyo ngokwemimiselo abayinikwa ngukhokho wabo uAron ethobela umyalelo kaNdikhoyo uThixo kaSirayeli.

Abanye abaLevi

20Nazi ke ezinye iinkulu zezindlu zakwaLevi: koonyana baka-Amram nguShubhayeli, koonyana bakaShubhayeli nguYedeya,

21koonyana bakaRehabhiya inkulu nguIshiya,

22kumaIzare nguShelomoti, koonyana bakaShelomoti nguYahati,

23koonyana [bakaHebron] nguJeriya inkulu, ibe nguAmariya owesibini, noYeziyeli owesithathu, noYekamam owesine,

24koonyana bakaUziyeli nguMika, koonyana bakaMika nguShamire,

25koonyana bakaIshiya, umntakwabo-Mika, nguZekariya,

26-27koonyana bakaMerari nguMali noMushi, koonyana bakaYaziya, unyana kaMerari, nguBheno, noShoham, noZakure, noHibri,

28koonyana bakaMali nguElazare ongabanga nanyana,

29koonyana bakaKishe nguJerameli,

30koonyana bakaMushi nguMali, noEdere, noJerimoti. Abo ke ngabaLevi ngokwezindlu zabo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

31Nabo benza amaqashiso kwanjengabantakwabo abayinzala ka-Aron, ekho nokumkani uDavide, uZadoki, uAhimeleki, neenkulu zezindlu zababingeleli nezabaLevi. Izindlu zâbo baziinkulu zaziphathwa ngokufanayo nezo zâbo baziinci.

1 Yeziganeko 25

Iimvumi zendlu kaThixo

1Ukumkani uDavide, ekunye neengqwayi-ngqwayi zomkhosi, wachonga abathile koonyana baka-Asafu, nabakaHeman, nababakaJedutum, wabanika umsebenzi wokushumayela bekhalisa iihapu nemirhubhe namacangci. Nanga ke amadoda awayephethe lo msebenzi:

2Koonyana baka-Asafu nguZakure, noJosefu, noNetaniya, noAsharela. Babeshumayela ngokomyalelo kakumkani, bephethwe nguAsafu.

3Koonyana bakaJedutun nguGedaliya, noZeri, noYeshaya, [noShimeyi], noHashabhiya, noMatitiya, bebathandathu. Babephethwe nguyise uJedutun, owayeshumayela esebenzisa ihapu ukubulela nokudumisa uNdikhoyo.

4Koonyana bakaHeman nguBhukiya, noMataniya, noUziyeli, noShebhuweli, noJerimoti, noHananiya, noHanani, noEliyata, noGidaleti, noRomamti-ezere, noYoshebhekasha, noMaloti, noHotire, noMaziyoti.

5Bonke aba babengoonyana bakaHeman umshumayeli kakumkani. Wayebanikwe ngokwesithembiso sikaThixo sokuphakamisa isidima sakhe. Ewe, uThixo wanika uHeman oonyana abalishumi elinane neentombi ezintathu.

6Ngokomyalelo kakumkani onke la madoda ayephethwe ngooyise uAsafu, noJedutun, noHeman. Ayevuma enkonzweni endlwini kaNdikhoyo, enamacangci nemirhubhe neehapu.

7Inani lawo, ekunye nabantakwawo ababeqeqeshelwe iingoma zikaNdikhoyo, lalingamakhulu amabini anamashumi asibhozo anesibhozo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Xa bawabayo umsebenzi benza amaqashiso, kungekho ukhethe phakathi
komncinane nomkhulu, ngokunjalo nokwaziyo nosaqeqeshwayo.

9Nazi iziphumo zamaqashiso malunga nokulandelelana kwamathuba
okusebenza kwamaqela: elokuqala: elikaJosefu umAsafu, elesibini:
elikaGedaliya,

10elesithathu: elikaZakure,

11elesine: elikaIzeri,

12elesihlanu: elikaNetaniya,

13elesithandathu: elikaBhukiya,

14elesixhenxe elikaYesharela,

15elesibhozo: elikaYeshaya,

16elethoba: elikaMataniya,

17eleshumi: elikaShimeyi,

18eleshumi elinanye: elika-Azarele,

19eleshumi elinambini: elikaHashabhiya,

20eleshumi elinesithathu: elikaShubhayeli,

21eleshumi elinesine: elikaMatitiya,

22eleshumi elinesihlanu: elikaYeremoti,

23eleshumi elinesithandathu: elikaHananiya,

24eleshumi elinesixhenxe: elikaYoshebhekasha,

25eleshumi elinesibhozo: elikaHanani,

26eleshumi elinethoba: elikaMaloti,

27elamashumi amabini: elikaEliyata,

28elamashumi amabini ananye: elikaHotire,

29elamashumi amabini anambini: elikaGidaleti,

© 1996 Bible Society of South Africa.

30elamashumi amabini anantathu: elikaMaziyoti,

31elamashumi amabini anane: elikaRomamti-ezere. Iqela ngalinye beliba namadoda alishumi elinambini, liphantsi kwenkokheli yalo.

1 Yeziganeko 26

Abagcini-masango bendlu kaThixo

1Nazi iintloko zamaqela abagcini-masango endlu kaThixo: KumaKora yayinguMeshelemiya unyana kaKore wendlu ka-Asafu.

2UMeshelemiya wayenoonyana abasixhenxe: yayinguZekariya owamazibulo, ibe nguYediyali, uZebhadiya, uYateniyeli,

3uElam, uYohanan, noEliyehunayi.

4-5Bekukho no-Obhedi-edom owathamsanqelwa nguThixo waba noonyana abasibhozo. YayinguShemaya owamazibulo, ibe nguYozabhadi, uYowa, uSakare, uNataniyeli, uAmiyeli, uIsakare, noPewuletayi.

6Unyana kaObhedi-edom, uShemaya, wazala oonyana abaziinkokheli, nditsho amagorha anobukroti.

7Oonyana bakaShemaya aba ngoo-Oteni, noRafayeli, no-Obhedi, noElizabhadi, kunye nabona badume ngobukroti uElihu noSemakiya.

8Ke kwinzala nezizalwana zikaObhedi-edom kwabakho amadoda angamashumi amathandathu anambini awaba ngabagcini-masango, yaye ayenobukroti kulo msebenzi.

9Kwinzala nezizukulwana zikaMeshelemiya kwakukho amakroti alishumi elinesibhozo.

10-11KumaMerari yayinguHosa noonyana bakhe abane: uShimri, noHilekiya, noTebhaliya, noZekariya. UShimri wamiselwa ubukhulu nguyise nakuba wayengelozibulo. Kwinzala nezizalwane zikaHosa abagcini-masango kwindlu kaThixo babelishumi elinantathu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

12La maqela abagcini-masango aphantsi kweenkokheli zawo xa ewonke
ayenesigxina sawo sokulungiselela endlwini kaNdikhoyo.

13Amaqela la ênza amaqashiso kumsebenzi wamasango, kungekho ukhethe
phakathi komncinci nomkhulu.

14Iqashiso lokugada isango elingasempumalanga laphuma noShelemiya.
Unyana wakhe uZekariya, owayedume ngamacebo, naye wenzelwa
amaqashiso, laphuma kwelokuba agade isango langasentla.

15Iqashiso likaObhedi-edom laba lelokugada isango langasezantsi, eloonyana
bakhe laba lelokugada oovimba.

16ElooShupim noHosa iqashiso laba lelokugada isango elingasentshonalanga
kunye nesango leShalekethe endleleni enyukayo. Abagadayo babengamaqela
alandelanayo.

17Mihla le abaLevi abagada ngasempumalanga babebathandathu, bebane
ngasentla, bebane nangasezantsi. Koovimba abalindi aba babegada ngababini
ngababini.

18Kwinkundla yangasentshonalanga babebane endleleni, babe babini
enkundleni phakathi.

19Ngawo lawo ke amaqela abagcini-masango abayinzala kaKora nabayinzala
kaMerari.

Abagcini boovimba bendlu kaThixo

20Amawabo abaLevi ayongamele oovimba bendlu kaThixo noovimba
bokugcina izinto ezingcwele.

21ULadan, unyana kaGershon, wazala uYehiyeli nabanye oonyana
ababeziinkulu zezindlu.

22Oonyana bakaYehiyeli, uZetam nomninawa wakhe uJoweli, babongamele
oovimba bendlu kaNdikhoyo.

23Bekukho nama-Amram, amaIzare, amaHebron, namaUziyeli aphathiswe
imisebenzi ethile.

© 1996 Bible Society of South Africa.

24UShebhuweli umzukulwana kaGershom unyana kaMosis ebengunondyebo wendlu kaThixo.

25UShebhuweli wayezalana noShelomiti. Kaloku uElizere, umntakwabo-Gershom, wazala uRabhiya, uRhabhiya wazala uYeshaya, uYeshaya wazala uYoram, uYoram wazala uZikri, uZikri wazala uShelomiti.

26UShelomiti lo nezizukulwana zakhe wayongamele zonke izipho ezazinikelwe kuThixo ngukumkani uDavide neenkulu zezindlu namanye amadoda amakhulu awayeziingqwayi-ngqwayi nezithwala-ndwe zomkhosi.

27Kaloku la madoda ayethathe inxalenye yamaxhoba emfazwe, anikela ngawo khon' ukuze indlu kaThixo ibe nokulungiswa.

28Yonke into eyayinikelwe ngumshumayeli uSamweli, nokumkani uSawule unyana kaKishe, noAbhinere unyana kaNere, noJowabhi unyana kaZeruya, nayiphi na enye into eyayinikelwe, yayisesandleni sikaShelomiti nezizalwane zakhe.

Ababethetha amatyala

29Kwinzala kaIzare uKenaniya noonyana bakhe baphathiswa umsebenzi ongenguwo owendlu kaThixo. Lo msebenzi wawukukugcina ucwangco nokuthetha amatyala akwaSirayeli.

30Kwinzala kaHebron uHashabhiya nezizalwane zakhe babesenza umsebenzi kaNdikhoyo nowekomkhulu kumaSirayeli angasentshonalanga kweJordan. La maHebron ayeliwaka elinamakhulu asixhenxe, engamakroti.

31Inkulu yamaHebron yayinguJeriya. Ngonyaka wamashumi amane elawula uDavide yaphandwa inzala kaHebron, kwafunyanwa amaHebron angamagorha eYozere kummandla waseGiliyadi.

32UJeriya wayenezizalwana ezingamawaka amabini anamakhulu asisixhenxe. La madoda ayengooyise bezindlu, engamakroti, waza ukumkani uDavide wabenza abaphathi bamaRubhen namaGadi nesiqingatha sesizwe sakwaManase, khon' ukuze benze umsebenzi kaThixo nowekomkhulu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

1 Yeziganeko 27

Umkhosi kaDavide

1Nguwo lo umkhosi wamaSirayeli: Bekukho amabutho alishumi elinambini,
ibutho ngalinye liba namadoda angamashumi amabini anane amawaka.
Amabutho la ayebolekisana ukwenza umsebenzi wakomkhulu inyanga
nganye enyakeni. Bekukho iinkulu zezindlu, neengqwayi-ngqwayi,
nezithwala-ndwe, noonobhala, bebonke besenza umsebenzi wakomkhulu.

2-3Nazi ke iingqwayi-ngqwayi zala mabutho alishumi elinambini (ibutho
ngalinye belinamadoda angamashumi ambini anane amawaka): inyanga
yokuqala: ingqwayi-ngqwayi yayinguYashobham unyana kaZabhediyeli
wendlu kaPerezi;

4inyanga yesibini: nguDodayi umAhohi, osekela lakhe belinguMikeloti;

5inyanga yesithathu: nguBhenaya unyana wombingeleli uJoyada

6owayeyinkokheli yeqela lamagorha angamashumi amathathu – isekela lakhe
belingunyana wakhe uAmizabhedi;

7inyanga yesine: nguAsayeli umninawa kaJowabhi, owalandelwa ngunyana
wakhe uZebhadiya;

8inyanga yesihlanu: nguShamuti umIzare;

9inyanga yesithandathu: nguIra unyana kaIkeshe waseTekowa;

10inyanga yesixhenxe: nguHeleze umEfrayim wasePelon;

11inyanga yesibhozo: nguSibhekayi umZera waseHusha;

12inyanga yethoba: nguAbhiyezere umBhenjamin waseAnatoti;

13inyanga yeshumi: nguMarayi umZera waseNetofa;

14inyanga yeshumi elinanye: nguBhenaya umEfrayim wasePiraton;

15inyanga yeshumi elinambini: nguHeledayi waseNetofa oyinzala kaOteniyeli.

Izibonda zezizwe zakwaSirayeli

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

16Nazi izibonda zezizwe zakwaSirayeli: kwaRubhen yayinguElizere unyana kaZiki; kwaSimon yayinguShefatiya unyana kaMahaka;

17kwaLevi yayinguHashabhiya unyana kaKemuweli; kwa-Aron yayinguZadoki;

18kwaJuda yayinguElihu umntakwabo-Davide; kwaIsakare yayinguOmri unyana kaMikayeli;

19kwaZebhulon yayinguIshmaya unyana kaObhadiya; kwaNafetali yayinguJerimoti unyana ka-Azeriyeli;

20kwaEfrayim yayinguHosheya unyana ka-Azaziya; kwisiqingatha sesizwe sikaManase yayinguYoweli unyana kaPedaya;

21kwisiqingatha sesizwe sikaManase esiseGiliyadi: yayinguIdo unyana kaZakariya; kwaBhenjamin yayinguYasiyeli unyana ka-Abhinere;

22kwaDan yayinguAzareli unyana kaJeroham. Zizo ezo ke izibonda zezizwe zakwaSirayeli.

23Ukumkani uDavide zange ababale abafana abaminyaka imashumi mabini nangaphantsi, kuba uNdikhoyo wayethembise ukuwandisa amaSirayeli abe ngangeenkwenkwezi esibhakabhakeni.

24Phofu uJowabhi unyana kaZeruya walinga ukuwabala, kodwa zange agqibe. Ingqumbo kaThixo yawahlela amaSirayeli ngenxa yolu balo, kwaza kwayekwa amanani engekabhalwa engxelweni yemicimbi yemihla yokumkani uDavide.

Abaphathi ngabaphathi bakomkhulu

25Naba abalawuli bobutyebi bakomkhulu: uAzemavete unyana ka-Adiyeli wayelawula oovimba bakomkhulu; uJonatan unyana kaUziya: oovimba abasemaphandleni, noovimba abasezidolophini, noovimba abasezilalini, noovimba bomkhosi;

26uEzri unyana kaKelubhi: amasimi;

27uShimeyi waseRama: izidiliya; uZabhedi waseShifemoti: izisele zewayini;

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

28uBhali-hanani waseGedore: iminquma nemithombe esezintilini; uYowashe:
izisele zamafutha omnquma;

29uShitrayi waseSharon: iinkomo ezikumadlelo aseSharon; uShafati unyana
ka-Adelayi: iinkomo ezisezintilini;

30uObhili umIshmayeli: iinkamela; uYedeya waseMeroniti: iidonki;

31uYozizi umHagri: iigusha neebhokhwe. Bonke aba babephathiswe impahla
kakumkani uDavide.

Amaphakathi kaDavide

32UJonatan, uyisekazi kaDavide, ebeliphakathi. Wayeyindoda ekrele-krele
efundileyo. Yena noYehiyeli unyana kaHakimoni babengabaqeqeshi
boonyana bakakumkani.

33UAhitofele ebeliphakathi likakumkani. UHushayi umArki wayengumhlobo
kakumkani.

34Emva kokusweleka kuka-Ahitofele uJoyada unyana kaBhenaya
noAbhiyatare baba ngamaphakathi. Injengele yomkhosi kakumkani
yayinguJowabhi.

1 Yeziganeko 28

Imiyalelo yokwakhiwa kwendlu kaThixo

1UDavide wawabiza onke amagosa akwaSirayeli ukuze aze kuhlangana
eJerusalem: iinkokheli zezindlu, neenkokheli zamabakala ngamabakala
kwabasebenza komkhulu, neengqwayi-ngqwayi zamabutho aliwaka kunye
nalikhulu, namagosa ajongene nemihlaba nemfuyo (zinto ezo izezikakumkani
noonyana bakhe), ndawonye namaphakathi asebhotwe, amagorha namatsha-
ntliziyo amajoni.

2Ukumkani uDavide waphakama, waza wathi: “Khanindiphulaphule,
mawethu, nani bantu bam. Ndandizimisele ukwakha indlu ukuze ibe yindawo
ephumla kuyo ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo, esisihlalo seenyawo zoThixo
wethu. Ndiwenzile ke amalungiselelo,

© 1996 Bible Society of South Africa.

3kodwa uThixo uthe kum: ‘Asinguwe oza kwakhela igama lam indlu. Kaloku
wena ulijoni, ibe ke uliphalazile igazi.’

4“Kambe ke uNdikhoyo uThixo kaSirayeli unyule mna kwindlu kabawo,
ukuze ndilawule ngonaphakade kwaSirayeli. Wanyula uJuda ukuba abe
yinkokheli, waza ke kwindlu kaJuda wanyula umzi kabawo; koonyana
bakabawo ke wabona kufanelekile ukuba andenze ukumkani kwaSirayeli.

5Kubo bonke oonyana bam – ibe ke uNdikhoyo undiphe babaninzi – unyule
unyana wam uSolomon ukuba ahlale esihlalweni sombuso kaNdikhoyo phezu
koSirayeli.

6UNdikhoyo uthethe nam wathi: ‘Ngunyana wakho uSolomon oya
kundakhela indlu kunye neenkundla zam, kuba ndinyule yena ukuba abe
ngunyana wam, mna ke ndibe nguyise.

7Umbuso wakhe ndiya kuwuzinzisa ume ngonaphakade, ukuba ngaba yena
uthe akagungqa ekuyithobeleni ayenze imiqathango nemithetho yam,
njengoko kusenziwa ngoku.’

8“Ngoko ke ngoku ndiyakuyala apha phambi koSirayeli ephela nalo eli
bandla likaNdikhoyo; ewe, ndithetha phambi koThixo wethu: Imiqathango
kaNdikhoyo uThixo wakho yithobele ngenyameko, khon' ukuze nime kweli
lizwe lihle kunene, nilidlulisele nakwizizukulwana ngezizukulwana, ukuze
libe lilifa lazo ngonaphakade.

9“Ke wena, nyana wam Solomon, uze uhambisane noThixo kayihlo,
umkhonze ngokuzimisela ngomxhelo wakho uphela nangengqondo evumayo,
kuba kaloku uNdikhoyo uyayigoca-goca intliziyo, yaye ke uyaziqonda
iinjongo zeengcinga zomntu. Ukuba uyamlangazelela uza kumfumana; kambe
ke xa uthe wamlahla uya kukubukula kude kube ngunaphakade.

10Ngoku ke zikisa ukucinga, kuba kaloku uNdikhoyo ukunyulele ukuba
umakhele indlu engcwele. Ngoko ke yomelela uwenze lo msebenzi.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11Ke uDavide uyinikele kunyana wakhe uSolomon yonke iplani yesakhiwo
eso, ivaranda namanye amagumbi endlu kaThixo, kunye noovimba bayo,
ukuma kwayo phezulu, namagumbi angaphakathi, kananjalo nendawo
yokucamagushela izono.

12Wamnika iplani yako konke awayekuthweswe nguMoya mayela neenkundla
zendlu kaNdikhoyo namagumbi ayiphahlileyo, oovimba bendlu kaThixo
kunye noovimba bezinto ezinikezelwe kuThixo.

13Wamyala ngezigaba zababingeleli nabaLevi nangawo wonke umsebenzi
wokulungiselela endlwini kaNdikhoyo, nangokuphathelele kwizinto
ezisetyenziswayo apho ekulungiseleleni endlwini kaNdikhoyo.

14Wabumisa nobunzima begolide eya kusetyenziswa kuyo nayiphi na into
eyenziwa ngayo, ngokunjalo nobunzima besiliva kuzo zonke izinto ezaziza
kwenziwa ngayo.

15Ubunzima begolide yeziphatho-zibane, neyezibane, ubunzima begolide
yesiphatho-sibane ngasinye nezibane zaso, nobunzima besiliva kuso ngasinye
isiphatho sibane esenziwe ngesiliva kunye nezibane zaso, ngokomsebenzi
wesiphatho-sibane eso;

16ubunzima begolide kwitafile nganye yesonka somnikelo; ubunzima besiliva
kwitafile nganye eyenziwe ngesiliva;

17ubunzima begolide ecwengileyo yokwenza iifolokhwe, izitya zokufefa,
namathunga; ubunzima begolide kwisitya ngasinye esenziwe ngegolide,
nobunzima besiliva kwisitya esenziwe ngesiliva;

18ubunzima begolide ecwengileyo yokwenza iqonga lesiqhumiso. Kananjalo
wamnika neplani yokwenziwa kwenqwelo leyo yezo zithunywa zimaphiko
zazenziwe ngegolide, ezo zazithe naa amaphiko zifihle ityesi yomnqophiso
kaNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19UDavide wathi: “Yonke le nto ke ibhaliwe, kuba kaloku isandla
sikaNdikhoyo sasiphezu kwam, wandinika ukuqiqa nokubuqonda bonke
ubucukubhede.”

20UDavide ke uqhube wathi kunyana wakhe uSolomon: “Yomelela ukhaliphe,
uwenze lo msebenzi. Uze ungakhe ube nayo idyudyu, utyhafe; kaloku
uNdikhoyo uThixo onguThixo wam ungakuwe. Akasokuze akuyekele, okanye
akulahle, ude ube uphumelele wonke lo msebenzi wokwakhiwa kwendlu
yakhe.

21Izigaba zababingeleli nabaLevi seziwulungele wonke umsebenzi wendlu
kaThixo, yaye ke yonke indoda ezimiseleyo kulawo anobuchule nakuyiphi na
inkalo iya kusebenzisana nawe kuwo wonke umsebenzi. Onke amagosa
nabantu ngokunjalo baya kuwuthobela nawuphi na umyalelo wakho.”

1 Yeziganeko 29

Izipho zokwakha indlu kaThixo

1Ukumkani uDavide wathetha nebandla likaSirayeli liphela, wathi: “Unyana
wam uSolomon, lo unyulwe nguNdikhoyo, noko uselula, yaye ke akanamava.
Umsebenzi lo ke wona mkhulu, kuba eli bhotwekazi liza kwakhiwa
asilamntu, koko lelikaNdikhoyo uThixo.

2Mna ndenze unako-nako ndiqokelela izinto ezingamalungiselelo okwakha
indlu kaThixo: oozigolide kumsebenzi oza kwenziwa ngegolide, isiliva
kwizinto eziza kwenziwa ngesiliva, ubhedu kwizinto eziza kwenziwa
ngobhedu, intsimbi kwizinto eziza kwenziwa ngentsimbi, kanti nomthi
kwezomthi; namatye axabisekileyo okuhombisa: oozionike noomatekosi,
amatye amibala-bala, nazo zonke iindidi zamatye axabisekileyo nemàbhula.
Zonke ke ezi zinto zikho ngendlu yazo.

3Ngaphezu koko ke ngangokuba ndizinikezele kule ndlu kaThixo wam, ngoku
ndinikezela ngobutyebi bam, igolide nesiliva, khon' ukuze kwakhiwe indlu
kaThixo wam.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Ezi ke izinto zithe geqe kumalungiselelo endiwenzileyo okwakha le ndlu
ingcwele ngaphezu kweetoni ezilikhulu zegolide yodidi, nesiliva ecwengileyo
ekwisithuba seetoni ezingamakhulu amabini namashumi amane. Ke yona
yeyokuhombisa iindonga zendlu kaThixo,

5nazo zonke izinto eziya kwenziwa ngamagcisa. Namhlanje ke ndicela
umngeni kuye wonke umntu ozivayo; makakhuphe nantoni na, anikele
kuNdikhoyo!”

6Ngoko ke iinkulu zezindlu, namaphakathi ezizwe zikaSirayeli, neengqwayi-
ngqwayi zamabutho aliwaka nalikhulu, ngokunjalo namaphakathi
kakumkani, xa bebonke banikela ngezandla ezivulekileyo.

7Kulo msebenzi wokwakhiwa kwendlu kaThixo zanikela igolide engaphezu
kwekhulu elinamashumi asixhenxe eetoni, neetoni zesiliva ezingaphezu
kwamakhulu amathathu anamashumi amane, neetoni zobhedu ezikwisithuba
samakhulu amathandathu anamashumi amabini, neetoni zentsimbi
ezingaphezu kwamawaka amathathu anamakhulu amane.

8Umntu onamatye axabisekileyo wayenikela ngawo apho kuvimba wendlu
kaNdikhoyo, zigcinwe nguYehiyeli umGershon.

9Nabantu ke bavuyiseka yindlela ezakuthakazelela ngayo iinkokheli zabo
ukunikela; kaloku zanikela kuNdikhoyo ngezandla ezivulekileyo. Kananjalo
ke naye ukumkani uDavide wavuya kakhulu.

Umthandazo kaDavide

10Ke kaloku uDavide wabonga uNdikhoyo phambi kwalo lonke ibandla
likaSirayeli, wathi: “Ungowokubongwa, wena Ndikhoyo, Thixo kabawo
wethu uSirayeli, kuse ephakadeni lasemaphakadeni.

11Ewe, Ndikhoyo, bobakho bonke ubukhulu ndawonye namandla; naso
isidima sikwasesakho, ubungangamsha nobunewu-newu. Kaloku zezakho
zonke ezisezulwini, kanti nezisemhlabeni ikwazezakho. Ewe, Ndikhoyo,
lolwakho ulawulo; uyingqanga-ngqanga evelele konke jikelele.

© 1996 Bible Society of South Africa.

12Isidima nobutyebi ziphuma kuwe; wena ungumlawuli weento zonke. Kulapho kwezo zandla zakho ukomelela ndawonye namandla. Xa bebonke ubanike ubukhulu namandla.

13Ngoko ke siyakubulela, Thixo wethu; ewe, siyadomboza sikuncoma ngenxa yegama lakho elinesihomo!

14“Kodwa kodwa kuxa ndingubani mna, beyintoni bona aba bantu bam, ukuba singade sibe nako ukukwenzela izinwe ngolu hlobo? Kaloku yonke into iphuma kuwe, ngoko ke nangoku sikunika kwaoko kuphuma esandleni sakho.

15Kaloku thina ebusweni bakho singabasemzini neembacu kwanjengokuba babenjalo noobawo-mkhulu. Imihla yethu kulo mhlaba ifana nesithunzi, ayithembisi mpela.

16Ewe, Ndikhoyo, Thixo wethu, yonke le mfumba siyinikele ukulungiselela ukwakhiwa kwendlu egameni lakho elingcwele; yonke yinto ephuma esandleni sakho, ngoko ke konke nje kokwakho kakade.

17Ndiyazi kambe, Thixo wam, ukuba wena uyayivavanya intliziyo, ukholiswa ngumntu othe ngqo. Ewe, zonke ezi zinto ndizinikela ngezandla ezivulekileyo nangeenjongo zokunyaniseka. Kananjalo nam ndibone ndatsho ndavuya xa aba bantu bakho abalapha namhlanje benikela kuwe ngezinwe ezinje.

18Ewe, Ndikhoyo, Thixo woobawo bethu uAbraham, uIsake, noSirayeli, olu langazelelo lugcine luvutha ezintliziyweni zabantu bakho, kude kuse ephakadeni; kananjalo iintliziyo zabo zithimbe, ukuze banyaniseke kuwe.

19Nalo nyana wam unguSolomon mnike intliziyo ephelelisileyo ekuyithobeleni imithetho nemiqathango nemimiselo yakho, ukuze enze konke okusemandleni akhe ezabalazela ukulakha eli pomakazi lebhotwe esenjenjalo ukulilungiselela.”

20Ngoku ke uDavide wabhekisa ebandleni lilonke, wathi: “Dombozani nimdumise uNdikhoyo, uThixo wenu.” Ngoko ke bonke abantu bambonga

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

uNdikhoyo uThixo wooyise-mkhulu; ewe, baduma, bakhahlela, bawa phantsi phambi koNdikhoyo naphambi kokumkani.

Ukumiselwa kukaSolomon

21Ngomhla olandelayo ke kwenzelwa uNdikhoyo amadini; bamenzela amadini atshiswayo ngewaka leenkunzi zeenkomo, iwaka leenkunzi zeegusha, newaka lamaxhwane angamaduna, kunye neminikelo ethululwayo, kwaneminye iminikelo, yonke iyintabalala enikelwa egameni lamaSirayeli ewonke jikelele.

22Ngaloo mini ke batya basela bedlokova yimincili apho phambi koNdikhoyo. Baza ke kwakhona abantu bamvuma uSolomon unyana kaDavide ukuba ungukumkani wabo, bamthambisa phambi koNdikhoyo ukuze abe ngumlawuli wabo, ke yena uZadoki abe ngumbingeleli wabo.

23Ngoko ke uSolomon wangqendeva esihlalweni sikaNdikhoyo wangukumkani esikhundleni sikayise uDavide. Waba nempumelelo ke; wabe yena wonke uSirayeli emthobela.

24Onke ke amaphakathi, kunye namagorha, ngokunjalo nabo bonke oonyana bakakumkani uDavide, bafunga bazibophelela ekumthobeleni ukumkani uSolomon.

25UNdikhoyo ke amaSirayeli onke wawenza amhlonela uSolomon, abuthobela phezu kwakhe bonke ubunewu-newu bomntwan' egazi ngendlela apha engazange yenziwe kuye nawuphi na ukumkani kwabakwaSirayeli ngaphambi kwakhe.

Ukufa kukaDavide

26Ke kaloku uDavide unyana kaJese wayengukumkani kaSirayeli jikelele.

27USirayeli wamlawula iminyaka engamashumi amane: yaba sixhenxe eHebron, yaza yangamashumi amathathu anantathu eJerusalem.

28Wasweleka seleyindoda enkulu, ekhulile, ebuxhamle ubomi obude, ubutyebi, nesidima. Esikhundleni sakhe kwangena unyana wakhe uSolomon wangukumkani.

© 1996 Bible Society of South Africa.

29Ke ezinye zeziganeko zolawulo lukakumkani uDavide ukusuka ekuqaleni
kuye esiphelweni, nâzo encwadini yeembali zomshumayeli uSamweli,
kwiimbali zomshumayeli uNatan, nakwiimbali zomshumayeli uGadi.

30Zikwalapho ke neenkcukacha zolawulo lwakhe nobungangamsha bakhe,
kanti nabo bonke ubucukubhede beemeko ezinxulumene naye siqu,
ngokunjalo noSirayeli, nezikumkani zawo onke amanye amazwe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2 Yeziganeko

2 Yeziganeko 1

USolomon ucela ubulumko
(1 Kum 3:1-15)

1Ke kaloku uSolomon unyana kaDavide wazinza embusweni wakhe, kuba
uNdikhoyo uThixo wakhe wayengakuye, waza wamphakamisa kakhulu.

2Ke uSolomon wathetha noSirayeli ewonke, iingqwayi-ngqwayi zamabutho
aliwaka nalikhulu, abagwebi, nawo onke amadoda aphambili kwaSirayeli
kunye neenkulu zezindlu.

3Yena uSolomon nebandla lonke baya endaweni ephakamileyo yonqulo
eGibheyon, kuba kaloku yayilapho intente yesibingelelo yokuhlangana
noThixo, leyo yayenziwe nguMosis isicaka sikaNdikhoyo entlango.

4Kaloku yena uDavide wayeyithathile ityesi kaThixo eKiriyati-yarim waya
nayo kuloo ndawo wayeyilungiselele yona, njengoko wayeyimisele intente
eJerusalem.

5Kodwa lona iqonga lamadini lobhedu elalenziwe nguBhezaleli unyana kaUri
unyana kaYuri laliseseGibheyon phambi kwesibingelelo sikaNdikhoyo. Ngoko
ke uSolomon nebandla elo babuzisa kuNdikhoyo khona apho.

6Ewe, uSolomon waya kuNdikhoyo kwelo qonga lobhedu apho
esibingelelweni sokuhlangana noNdikhoyo, wanikela kuso apho amadini
atshiswayo aba liwaka.

7Ngobo busuku uThixo wabonakala kuSolomon, wathetha naye wathi: “Cela
nantoni na ofuna ndikuphe yona.”

8USolomon ke uphendule uThixo wathi: “Umenzele ububele obukhulu ubawo
uDavide, waza nam lo wandenza ukumkani esikhundleni sakhe.

9Ngoku ke, Ndikhoyo Thixo wam, idinga owalimilisela ubawo uDavide
khawuncede ulibethelele lifezeke, kuba kaloku undenze ukumkani
wenyambalala engaka yabantu abaninzi njengothuli lomhlaba.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Ke mna ndiphe ubulumko nokuqonda ukuze ndikwazi ukubakhokela aba
bantu; kaloku akukho mntu unganako ngokwakhe ukuyilawula le nginginya
yabantu bakho.”

11UThixo ke uthe kuSolomon: “Ngenxa yokuba lo ke ingumnqweno
wentliziyo yakho, ungacelanga butyebi, nabunhanha, okanye ubuhandiba,
ungatsho nokuba manditshabalalise iintshaba zakho, ewe, awucelanga
nabomi bude, koko ucele ubulumko nokuqonda ukuze ube nako ukulawula
abantu bam endikwenze ukumkani wabo,

12ngoko ke ndiza kukunika ubulumko nokuqonda, kananjalo ndikuthi jize
ngobutyebi nobunhanha, ube sisihandiba sokumkani ekungekho wumbi
wakha wanjengawe ngaphambili, engayi kubakho nasemva kwakho.”

Iinqwelo zokulwa zikaSolomon
(1 Kum 10:26-29)

13Ke uSolomon waya eJerusalem ukusuka kwakhe apho kwindawo
ephakamileyo yonqulo eGibheyon, apho phambi kwaloo ntente yesibingelelo.
Waza ke wamlawula uSirayeli.

14USolomon waqokelela iinqwelo namahashe; ishumi elinesine lamakhulu
eenqwelo, neshumi elinesibini lamawaka amahashe; zinto ezo wazigcina
kwizixeko zeenqwelo, ezinye ke wazigcina kwakumkani eJerusalem.

15Ukumkani lo ke isiliva negolide wayiqokelela eJerusalem yaninzi
njengamatye, umthi womsedare wamninzi njengomthombe esihlanjeni.

16USolomon amahashe wayewathenga eJiputa naseKewe. Abarhwebi
bakomkhulu babewathenga eKewe ngexabiso ekuvunyelwene ngalo.

17Babethenga iinqwelo eJiputa, ixabiso layo nganye liziisiliva ezimakhulu
mathandathu, nehashe ngeesiliva ezilikhulu elinamashumi amahlanu.
Kananjalo babewathengisa kookumkani bamaHiti nabama-Aram.

2 Yeziganeko 2

Amalungiselelo okwakha indlu kaThixo
(1 Kum 5:1-18)

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[1]Ke kaloku uSolomon wazimisela ukwakhela igama likaNdikhoyo indlu, kunye nelakhe ibhotwe.

[2]Wamisa amadoda angamawaka angamashumi asixhenxe ukuze athwale izinto zokwakha, namanye angamashumi asibhozo amawaka awayeza kuqingqa amatye ezindulini phaya, kunye neenduna ezingamawaka amathathu anamakhulu amathandathu.

[3]USolomon wathumela umyalezo kukumkani uHiram waseTire, esithi: “Nam khawundithumele izikhuni zomsedare kwanjengoko wenzayo kubawo uDavide ngokuya wayeza kuzakhela ibhotwe.

[4]Ngoku mna ndiza kwakhela igama likaNdikhoyo uThixo wam indlu. Yona ndoyinikela kuye, kuyo kutshiswe iziqhumiso ezivumba limnandi, kusenzelwa yena. Kwalapho kuyo kohlala kubekwa isonka esinikelwa kuye, kwenziwe namadini atshiswayo mihla le kusasa nasemalanga, ngeMihla yokuPhumla, nangamathuba okuthwasa kwenyanga, nangamatheko amisiweyo kaNdikhoyo uThixo wethu. Lowo ke ngummiselo wakwaSirayeli ongasoze waphela.

[5]“Le ndlu ndiza kuyakha iza kuba yimbalasane, kuba uThixo wethu akalingani nathixo ngobukhulu.

[6]Ewe, akukho namntu ungamakhela ndlu; kuba kaloku namazulu, nditsho amazulu asemajuku-jukwini, akanako ukumqulatha. Bendingubani ke mna, ukuba ndide ndimakhele indlu, ngaphandle nje kokuba ndakhe indawo yokutshisa amadini phambi kwakhe?

[7]“Ngoko ke nceda undithumele indoda elichule ngokusebenza ngegolide nesiliva, ubhedu nentsimbi; ichule kumalaphu amsobo, amfusa, naluhlaza; nditsho ingcali yokukrola; ukuze isebenze kwaJuda naseJerusalem ikunye nezam iingcali, ezo zafunwa ngubawo uDavide.

[8]“Kananjalo ndithumele izikhuni zomsedare, ipayini, nom-algumi, kuloo mahlathi aseLebhanon. Kaloku ndiyazi ukuba amadoda akho ziingcali ekugawuleni imithi apho eLebhanon. Amadoda am osebenzisana nawakho,

© 1996 Bible Society of South Africa.

9andilungiselele intaphane yemithi, kuba le ndlu ndiza kuyakha kufuneka ibe
nkulu, ibe yinzwakazi.

10Izicaka zakho ezigawula imithi ndozinika amawaka amabini eetoni
zengqolowa, namawaka amabini eetoni zerhasi, kunye namakhulu amane
amawaka eelitha zewayini, namakhulu amane amawaka eelitha zamafutha
omnquma."

11Ke ukumkani uHiram waseTire waphendula uSolomon ngeleta wenjeje:
"Ngenxa yokubathanda kwakhe uNdikhoyo abantu bakhe, umise wena
wangukumkani wabo."

12Waqhuba uHiram wathi: "Makadunyiswe uNdikhoyo uThixo kaSirayeli,
umenzi wamazulu nehlabathi! Ukumkani uDavide umphe unyana osisilumko,
othiwe jize ngengqiqo neliso elibukhali, yena oza kwakhela uNdikhoyo indlu,
naye azakhele ibhotwe.

13"Ngoko ke ndikuthumelela uHuram-abhi, indoda elichule kunene.

14Unina ngowakwaDan, uyise ngumTire. Uqeqeshelwe ukusebenza ngegolide,
isiliva, ubhedu, intsimbi, ilitye, nomthi, kanti nangamalaphu elinen amsobo,
aluhlaza, namfusa, nditsho nacikizekileyo. Unamava kuwo wonke umsebenzi
wokukrola; akukho plani imxakayo. Ke uya kusebenza naloo machule akho
kunye nalawo omhlekazi uDavide uyihlo.

15"Ngoko ke umhlekazi makathumelele izicaka zakhe ingqolowa abethethe
ngayo, kunye nerhasi, namafutha omnquma, newayini.

16Ke thina sokugawulela eLebhanon yonke imithi oyifunayo, siyenze
iinyanda, siyifake elwandle, idade iyokutsho eJopa. Ke wena woyithatha
khona, uyise eJerusalem."

17USolomon wazibala zonke iintlanga ezazihlala apho kwaSirayeli, ngokoluya
balo lwalenziwe nguyise uDavide, zafumaneka zingamawaka alikhulu
elinamashumi amahlanu anantathu anamakhulu amathandathu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

18Amashumi asixhenxe amawaka kuzo wawamisela ukuthwala izinto zokwakha, amashumi asibhozo amawaka wawamisa angabaqingqi bamatye, aza ke amawaka amathathu anamakhulu amathandathu aziinduna zokujonga ukuba umsebenzi uqhubeke.

2 Yeziganeko 3

USolomon wakha indlu kaThixo

(1 Kum 6:1-38)

1Ke kaloku uSolomon waqalisa ukuyakha indlu kaNdikhoyo eJerusalem kwintaba iMoriya, apho uNdikhoyo wayebonakele khona kuyise uDavide. Kwakuloo ndawo yalungiselelwa nguDavide esandeni sokubhula sika-Aravena umJebhusi.

2Ke ukwakha oko wakuqala ngomhla wesibini kwinyanga yesibini ngonyaka wakhe wesine engukumkani.

3Isiseko sendlu kaThixo eyakhiwe nguSolomon sasiziimitha ezingamashumi amabini anesixhenxe ubude, siziimitha ezilithoba ububanzi.

4Ke yona ivaranda phambili phaya yayiziimitha ezilithoba ububanzi, ukuphakama kuziimitha ezingamashumi amahlanu anane. Umphakathi lo ke wona wawutyatyekwe ngegolide.

5Igumbi elikhulu laloo ndlu walaleka ngompayini, walityabeka ngegolide, walihombisa ngemifanekiso yamasundu nemixokelelwana.

6Ewe, indlu kaThixo wayihombisa ngamatye axabisekileyo. Wayesebenzisa igolide yasePavayim.

7Imiqadi, imigubasi, iindonga, neengcango, zonke wazityabeka ngegolide; ezindongeni wakrola izithunywa ezimaphiko.

8Walakha negumbi eliyingcwele kangcwele. Ubude balo babulingana nobubanzi bendlu iyonke, liziimitha ezilithoba ubude nobubanzi. Iindonga zalo wazityabeka ngegolide engaphezu kweetoni ezingamashumi amabini.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Izikhonkwane zegolide ezazisetyenziswa zazinobunzima obungamakhulu
amahlanu anamashumi asixhenxe eegram. Kananjalo namagumbi aphezulu
wawatyabeka kwangegolide.

10Ngaphakathi apho kwigumbi eliyingcwele kangcwele wakrola izithunywa
ezimaphiko zazibini, wazityabeka ngegolide.

11-12Iphiko ngalinye lezo zithunywa laliziimitha ezimbini ezinekota ubude
balo. Isithunywa ngasinye sasithe naa amaphiko, elinye ke iphiko lirhece
udonga lwendlu leyo; kanti ke amabini amaphiko kwezo zithunywa
ayerhecana.

13Amaphiko ezi zithunywa ayethathe umgama oziimitha ezilithoba. Zazimi
ngeenyawo, zikhangele ngaphakathi.

14Umkhusane wawenza ngelaphu eliluhlaza, nelimsobo, nelimfusa, waza
wawuhombisa ngemifanekiso ethungiweyo yezithunywa ezimaphiko.

Iintsika ezimbini
(1 Kum 7:15-22)

15Phambi kwendlu leyo wamisa iintsika ezimbini, nganye kuzo iziimitha
ezilishumi elinesihlanu ezinesiqingatha ubude. Intsika nganye yayinentloko
ekuphakama kuziimitha ezimbini ezinekota.

16Wenza nemixokelelwana ephotheneyo, wayithi cwa kwezo ntloko zezo
ntsika. Kuloo mxokelelwano wanxibelela iirharnathi ezilikhulu.

17Ezo ntsika wazimisa apho phambi kwendlu kaThixo, enye ngezantsi enye
ngasentla. Le ingezantsi kwathiwa nguJakin, le ingentla yona kwathiwa
nguBhowazi.

2 Yeziganeko 4

Impahla yendlu kaThixo
(1 Kum 7:23-51)

1USolomon wenza iqonga lamadini lobhedu liziimitha ezilithoba ububanzi
nobude, liziimitha ezine ezinesiqingatha ukuphakama.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[2]Wenza nechibi elingqukuva ngobhedu. Laliziimitha ezilishumi elinesithathu nekota xa ulijikeleza.

[3]Phantsi komphetho lalijikelezwe yimifanekiso yeenkunzi zeenkomo. Ezo nkunzi zaziyimiqolo emibini, ziyinto enye nechibi elo.

[4]Eli chibi lalimi phezu kweenkunzi zeenkomo ezilishumi elinambini ezenziwe ngobhedu, ezintathu zikhangele ngasentla, ezintathu zijonge ngasentshona, ezintathu zikhangele ngasezantsi, zaza kananjalo ezintathu zajonga ngasempuma. Ichibi lalithe ngxishi phezu kwazo, izinqe zazo zijonge embindini walo.

[5]Ububanzi balo babulingana nesandla, umphetho walo ufana nowekomityi, kanye oku kwenyibiba edubulayo. Lwalungena iilitha ezingamawaka angamashumi amathandathu.

[6]Kananjalo wenza nezitya zokuhlambela zalishumi, isihlanu sazo wasibeka kwicala langezantsi, esinye isihlanu wasibeka ngasentla. Apho kuzo kwakuza kuhlanjwa izinto zokwenza amadini atshiswayo; kodwa ke apho echibini kwakuza kuhlamba ababingeleli.

[7]Wenza neziphatho zezibane zegolide ezilishumi, ezenza ngokwemilinganiselo yazo; waza ke wazibeka apho endlwini kaThixo. Isihlanu sazo wasibeka kwicala langezantsi, waza esinye isihlanu wasibeka kwicala langasentla.

[8]Kwakhona wenza neetafile zalishumi, wazifaka apho endlwini kaThixo, ezintlanu ngasezantsi, ezintlanu ngasentla. Kananjalo wenza neendebe zegolide zokufefa zalikhulu.

[9]Waza ke wenza nenkundla yababingeleli, kunye nenkundla enkulu, neengcango zenkundla. Zona wazityabeka ngobhedu.

[10]Ichibi elo walibeka kumazantsi-mpuma endlu kaThixo.

[11]Kananjalo wenza iimbiza, iifotsholo, nezitya zokufefa. Ngoko ke uHuram wawugqiba umsebezi awayewenzela ukumkani uSolomon endlwini kaThixo:

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Yayiziintsika ezimbini; iintloko ezimbini ezibusitya zezo ntsika;
amatyathanga alukiweyo amabini ahombise ezo ntloko zimbini zezo ntsika;

13iirharnati ezimakhulu mane ziyimiqolo emibini ethe nca kwityathanga
ngalinye elilukiweyo elihombise ezo ntloko zibusitya zeentsika ezo;

14izixhaso nezitya zazo;

15ichibi lobhedu lineenkunzi zeenkomo ezilishumi elinambini ezenziwe
ngobhedu ezilixhasayo;

16iimbiza, iifotsholo, iifolokhwe zenyama, nezinye izixhobo ezikolo didi.
Zonke ke ezo zixhobo ezazenziwe nguHuram-abhi, ezenzela ukumkani
uSolomon ukuze zisetyenziswe endlwini kaNdikhoyo, zazenziwe ngobhedu
olugudisiweyo.

17Ezo zinto ukumkani wathi mazibunjwe ngezibumbi zomdongwe kwintili
yeJordan phakathi kweSukoti neZaretan.

18Ubunzima bazo xa zizonke ezi zinto wazenzayo uSolomon babubukhulu
ngangokuba abuzange bube namlinganiso.

19Kananjalo uSolomon wazenza zonke iimpahla zendlu kaThixo: iqonga
lamadini legolide; iitafile zesonka esinikelwa kuThixo;

20iziphatha-zibane ezazenziwe ngegolide ecikizekileyo kunye nezibane zazo,
ezazimiselwe ukusoloko zivutha phambi kwendawo engcwele;

21iintyatyambo zegolide nezibane nezitya zokugcina imitya yezibane – zonke
ziyigolide;

22izikhwezeli-zibane ezenziwe ngegolide; iindebe zokufefa; izitya
zesiqhumiso; iipani zamalahle; neengcango zegolide zendlu leyo: nditsho
iingcango ezingena kwigumbi eliyingcwele kangcwele, kunye neengcango
zegumbi elingaphandle.

2 Yeziganeko 5

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Uthe ke wakufezeka loo msebenzi uSolomon awayewenzela indlu
kaNdikhoyo, wazithatha zonke ezo zinto zazinikezelwe nguyise
uDavide(isiliva, igolide, nazo zonke ezinye izinto zokusebenza) waza ke
wazifaka koovimba bendlu kaThixo.

Ityesi iziswa endlwini kaThixo
(1 Kum 8:1-9)

2Ke kaloku uSolomon wawabizela eJerusalem onke amadoda amakhulu
akwaSirayeli, bonke abaziintloko zezizwe, namadoda aziinkulu zezindlu
zamaSirayeli, ukuze aye kuthatha ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo eZiyon
isixeko sikaDavide.

3Onke ke amadoda akwaSirayeli aqokelelana kukumkani ngexesha
lombhiyozo kwinyanga yesixhenxe.

4Athe ke akuphelela amadoda amakhulu akwaSirayeli, abaLevi bayithatha
ityesi,

5kunye nentente yesibingelelo, nazo zonke izinto ezingcwele ezazikuyo.
Ababingeleli ababengabaLevi bazithwala ezo zinto.

6Ke yena ukumkani uSolomon nalo lonke ibandla likaSirayeli elaliqokelelene
kuye babemi phambi kwetyesi besenza amadini ngeegusha neenkomo
ezininzi, ziyinyambalala engenakubalwa.

7Ababingeleli ke bayithatha ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo, bayisa
endaweni yayo kwigumbi elingaphakathi endlwini kaThixo – ingcwele
kangcwele – bayibeka phantsi kwamaphiko ezo zithunywa zimaphiko.

8Izithunywa ezo ke zawathi naa loo maphiko azo, zayigquma loo ndawo
yayikuyo ityesi ndawonye namanqwanqwa okuyiphatha.

9La manqwanqwa ke ayemade ngangokuba zazibonakala iziphetho zawo
kumntu ophambi kwegumbi elingaphakathi, kodwa ke zingabonakali
kongaphandle kweyona ndawo ingcwele. Aselapho ke unanamhlanje.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Apho kuloo tyesi kwakungekho nto ngaphandle kwamacwecwe amabini amatye, lawo ayefakwe kuyo nguMosis eHorebhe, apho uNdikhoyo wenza umnqophiso namaSirayeli akuba ephumile eJiputa.

11Ke kaloku ababingeleli abo baphuma apho endaweni engcwele. Bonke ababingeleli ababelapho – nditsho abeendidi zonke – babezihlambulule.

12Bonke abaLevi ababeziimvumi – uAsafu, uHeman, noJedutun, noonyana babo, nezizalwane zabo – babemi kwicala lasempuma apho eqongeni, bevethe ezelinen entle kunene, bakhalisa amacangci, iihapu, nemirhubhe. Babekhatshwa likhulu elinamashumi amabini lababingeleli behlokomisa amaxilongo.

13Abo bamaxilongo ngokunjalo nabaculayo batsho ngoncuthu oluyondeleleneyo, ngazwi-nye bedumisa bebulela uNdikhoyo. Babekhatshwa ngamaxilongo, amacangci, nezinye izikhalisi. Ewe, badanduluka ngendumiso bebonga uNdikhoyo besithi: “Hayi ke bethu ukulunga kwakhe; izibele zakhe zimi ngonaphakade!” Ke kaloku indlu kaNdikhoyo leyo yazaliswa lilifu.

14Ngenxa yelo lifu ababingeleli ababanga nako ukwenza imisebenzi yabo. Kaloku ubukhazikhazi besidima sikaNdikhoyo babuyizalisile indlu leyo kaThixo.

2 Yeziganeko 6

Intetho kaSolomon
(1 Kum 8:12-21)

1Ke kaloku uSolomon wathi: “ UNdikhoyo wayethe uza kuhlala kwilifu elimnyama;

2ke mna ndikwakhele ipomakazi lendlu, indawo oya kuhlala kuyo kude kube ngonaphakade.”

3Lithe lisemi apho lonke elo bandla likaSirayeli, ukumkani wee guqugu walithamsanqela,

© 1996 Bible Society of South Africa.

4wathi: “Makabongwe uNdikhoyo, uThixo kaSirayeli, yena othe ngesandla
sakhe wasifezekisa isithembiso awasenza ngomlomo wakhe kubawo uDavide.
Kaloku yena wathi:

5‘Ukusukela kwimini endabakhupha ngayo abantu bam eJiputa, andizange
ndizikhethele sixeko nakwesiphi na isizwe sakwaSirayeli apho
lalinokwakhelwa khona indlu igama lam, kananjalo andizange ndinyule mntu
ukuze akhokele abantu bam amaSirayeli.

6Kambe ke ngoku ndinyule iJerusalem ukuze libe kuyo igama lam, ndaza
ndanyula uDavide ukuze abalawule abantu bam amaSirayeli.’

7“Ubawo uDavide wayezimisele ngomxhelo wakhe ukuba igama
likaNdikhoyo uThixo kaSirayeli alakhele indlu.

8Kambe ke uNdikhoyo wathi kubawo uDavide: ‘Ibe yinto entle ukuba
uzimisele ukulakhela indlu igama lam.

9Noko ke kambe asinguwe oza kulakhela indlu igama lam, koko yoba
ngunyana wakho; nditsho kanye owesinqe sakho – nguye oya kulakhela indlu
igama lam.’

10“UNdikhoyo ke usigcinile eso sithembiso wasenzayo. Naku ngoku ndingene
esikhundleni sikabawo uDavide. Ewe, ndichophe kwisihlalo sokulawula
sakwaSirayeli ngokwesithembiso sikaNdikhoyo, ndaza ndalakhela indlu
igama likaNdikhoyo uThixo kaSirayeli.

11Kuyo ndayibeka ityesi equlethe umnqophiso kaNdikhoyo awayewenze
namaSirayeli.”

Umthandazo wokunikezela indlu kuThixo
(1 Kum 8:22-53)

12Ke kaloku uSolomon wema phambi kweqonga likaNdikhoyo, apho phambi
kwaloo nginginya yebandla likaSirayeli, waza ke waziphakamisa izandla
zakhe.

13Ke kaloku wayenze iqonga lokuma lobhedu, laba ziimitha ezimbini
ezinekota ubude nobubanzi, liyimitha enye enekota ukuphakama; walithatha

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ke walibeka embindini wenkundla engaphandle. Waqabela apho kulo, waza waguqa apho phambi kwaloo nginginya yebandla likaSirayeli, waza izandla zakhe waziphakamisela ezulwini,

14wathi: “Ewe, Ndikhoyo, Thixo kaSirayeli, akakho uThixo onjengawe ezulwini nasemhlabeni. Kaloku ungulowo uwugcinayo umnqophiso wakhe wokuzithanda izicaka zakhe ezithe rhoqo ngomxhelo wazo wonke ukuhamba ezindleleni zakhe.

15Ngoku ke usigcinile isithembiso sakho kwisicaka sakho uDavide ubawo. Wathembisa ngomlomo wakho; kunamhlanje-nje ke ufezekisile ngesandla sakho.

16“Nangoku ke, Ndikhoyo, Thixo kaSirayeli, isicaka sakho uDavide ubawo khawumgcinele ezo zithembiso wamenzela zona usithi: ‘Akusoze ungabi nayo indoda yokuchopha phambi kwam kwisihlalo sokulawula sakwaSirayeli, ukuba kodwa oonyana bakho bathe bakunyamekela ngandlela zonke ukuhamba phambi kwam ngokomthetho wam njengawe lo.’

17Ewe, nangoku, Ndikhoyo, Thixo kaSirayeli, ilizwi owalithethayo uthembisa isicaka sakho uDavide malifezeke.

18“Kambe ke, ngaba uThixo angade ahlale emhlabeni phakathi koluntu na? Hayi bo; kaloku namazulu, nditsho namazulu asemajuku-jukwini ngokwawo, akanako ukukuqulatha! Ibeke phi ke yona le ndlu ndiyakhileyo?

19Nakuba kunjalo, Ndikhoyo, Thixo wam, wubekele iindlebe umthandazo wesicaka sakho esizibikayo kuwe. Kuve ukulila nokukhunga kwesicaka sakho esikubongozayo!

20Imini nobusuku ngamana amehlo akho athi ntsho kuyo le ndlu. Kaloku yile wathetha ngayo usithi igama lakho liya kuba kuyo. Ke ngoko wuphulaphule lo mthandazo esiya kuthi isicaka sakho siwubhekise kule ndawo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

21Zibazele iindlebe izikhungo zesicaka sakho ndawonye nabantu bakho xa umthandazo wabo bewubhekisa kule ndawo. Yiva wena usekhayeni lakho ezulwini; ewe, yiva, uvile uxolele.

22“Xa umntu ethe wona ummelwane wakhe kwaza ke kwafuneka enze isifungo, waza ke yena weza kufunga kule ndlu phambi kweqonga lakho,

23wena ke yiva usezulwini, usebenze ngaloo nto. Uze ugwebe phakathi kwezicaka zakho, onetyala umbuyekeze ngesohlwayo esifanele isenzo sakhe. Uze umgwebele umntu omsulwa, khon' ukuze aphuhle ukuba umsulwa.

24“Xa abantu bakho amaSirayeli ethe oyiswa lutshaba ngenxa yokuba ekonile wena, makathi akubuya ebula, evuma igama lakho, ethandaza, esenza isikhungo kuwe kuyo le ndlu,

25wena ke yiva usezulwini, usixolele isono sabantu bakho amaSirayeli, uwabuyisele kulo mhlaba wawunika ooyise.

26“Xa amazulu athe avaleka ayabikho imvula, kuba abantu bakho bekonile, mabathi xa bathe babhekisa kule ndawo ngomthandazo bevuma igama lakho, bezishiya nezono zabo kuba wena ubabandezele,

27wena ke yiva usezulwini, usixolele isono sezicaka zakho, abantu bakho amaSirayeli. Uze ubafundise indlela efanelekileyo yokuziphatha, ulithi jize ngemvula ilizwe elililifa owalinika abantu bakho.

28“Xa kuthe kwakho indlala nokuba ngubhubhani kweli lizwe, okanye kubekho isihlava, isihumba, iinkumbi, iintothoviyane, okanye xa abantu bakho bethe bangqingwa ziintshaba ezixekweni zabo, ukanti nokuba sisiphi na isithwakumbe okanye isifo esibafikeleyo,

29makuthi xa kukho nawuphi na kubantu bakho othandazayo ekhunga ngokuva iimbandezelo neentlungu, izandla zakhe eziphakamisela kule ndlu,

30wena ke yiva usekhayeni lakho ezulwini. Ewe, xolela, ulowo nalowo umphathe ngokwezenzo zakhe, kuba wena uyayazi intliziyo yakhe. Kaloku nguwe wedwa ozaziyo iintliziyo zabantu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

31Ngaloo ndlela ke baya kukuhlonela, bahambe ezindleleni zakho ngalo lonke
ixesha lokudla kwabo ubomi kulo mhlaba wawunika oobawo.

32“Kanti ke nowasemzini ongenguye owabantu bakho amaSirayeli, kodwa
ofike evela kwelikude ilizwe ngenxa yodumo lwegama lakho, namandla
esandla sakho, kunye nobungangamsha bengalo yakho, makathi akuza
kuthandaza apha kule ndlu,

33wena ke uve usekhayeni lakho ezulwini, owasemzini lo umenzele konke
oko akucelayo kuwe, khon' ukuze zonke izizwe zehlabathi zilazi igama lakho,
zikuhlonele kwanjengokuba bekuhlonela abantu bakho amaSirayeli. Ewe,
ukuze ziqonde ukuba le ndlu ndiyakhileyo ibizwa ngegama lakho.

34“Nabantu bakho xa bathe baya emfazweni besilwa neentshaba zabo,
nokuba ubathumela phi na, mabathi bakuthandaza kuwe, bebhekisa kule
ndlu ndiyakhele igama lakho, kwesi sixeko usinyulileyo,

35yithi wena usezulwini uwuve umthandazo nesikhungo sabo, ubagwebele.

36“Xa bathe bakona – kaloku akukho mntu ongoniyo – waza ke wena
wakhathazeka wabanikela elutshabeni, luze ke lona lubathimbe lubafuduse,
nokuba lubase kwilizwe elikude okanye elikufuphi,

37xa bathe baguquka bazisola kwelo lizwe bathinjelwe kulo, ewe, xa
beguquka bezibika kuwe, belapho kwelo lizwe lokuthinjwa, besithi: ‘Ewe,
sonile, senze ububi nenkohlakalo,’

38xa bebuyela kuwe ngomxhelo wabo wonke nentliziyo yabo iphela bekwelo
lizwe lokuthinjwa, bethandaza bebhekisa kweli lizwe walinika ooyise, kwesi
sixeko wasinyulayo, nakule ndlu ndiyakhele igama lakho,

39yithi ke wena usekhayeni lakho ezulwini, uwuve umthandazo wabo,
nezikhungo zabo, ubagwebele. Ewe kaloku, uze ubaxolele abantu bakho
abakonileyo.

40“Nakalokunje, Thixo wam, ngamana wena ungawavula amehlo akho,
uyibazele iindlebe imithandazo eyenziwa kule ndawo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

41“Ndikhoyo, Thixo wam, phakama, uze endaweni yakho yokuphumla, wena
netyesi yobungangamsha bakho. Ewe, Ndikhoyo, Thixo wam, ababingeleli
bakho ngamana bangavatha ezosindiso, ithi nemilowo yakwakho
yonwatyiswe kukulunga kwakho!

42Ewe, Ndikhoyo, Thixo wam, uze ungambukuli umthanjiswa wakho; uze
ukhumbule ezo zibele wazithembisa uDavide isicaka sakho.”

2 Yeziganeko 7

Ukuvulwa kwendlu kaThixo

(1 Kum 8:62-66)

1Ke kaloku uSolomon uthe akugqiba ukuthandaza, suka kwehla umlilo
uphuma ezulwini, walidla elo dini litshiswayo kunye neminikelo,kananjalo
ubukhazikhazi bukaNdikhoyo bayizalisa indlu.

2Ababingeleli zange babe saba nako ukungena apho endlwini kaNdikhoyo,
kuba kaloku ubukhazikhazi bukaNdikhoyo babuyizalisile.

3Xa ewonke ke amaSirayeli athe akuwubona umlilo usihla, kananjalo
nobukhazikhazi bukaNdikhoyo buyigubungele indlu leyo, asuka ee guqaqa
ejonge phantsi, enqula uNdikhoyo, embonga esithi: “Hayi ke bethu, ukulunga
kwakhe! Izibele zakhe zimi ngonaphakade!”

4Ke ukumkani ndawonye nabantu bonke benzela uNdikhoyo amadini.

5Ukumkani uSolomon wenza idini ngeenkomo ezingamawaka angamashumi
amabini anambini, kunye neegusha neebhokhwe ezilikhulu elinamashumi
amabini amawaka. Ngaloo ndlela ke ukumkani kunye nabantu bonke
bayivula beyinikela indlu kaThixo.

6Ababingeleli kunye nabaLevi bema ngeendawo zabo, abaLevi bephethe
izikhalisi zokudumisa uNdikhoyo, ezo ukumkani uDavide wayezenzele ukuba
zikhaliswe xa bebulela besithi: “Izibele zakhe zimi ngonaphakade.”
Ababingeleli babekhangelene nabaLevi, bona bekhalisa amaxilongo,
amaSirayeli onke emi ngeenyawo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7USolomon wawungcwalisa umbindi wenkundla ephambi kwendlu
kaNdikhoyo, waza khona apho wenza amadini atshiswayo, wanikela
namanqatha angumnikelo wobudlelwane. Kaloku iqonga lobhedu
awayelenzile lalingawalingene amadini atshiswayo, iminikelo yeenkozo,
namadini enziwa ngamanqatha.

8Ngelo thuba ke uSolomon walenza itheko iintsuku zasixhenxe,
enamaSirayeli ephela, inyambalala yembizo, abantu abaphuma kwinkalo
yeHamati kude kuthi xhaxhe ngomda waseJiputa.

9Ngosuku lwesibhozo benza intlanganiso. Kaloku itheko lokunikezela iqonga
lathatha iintsuku ezisixhenxe, kananjalo nombhiyozo waziintsuku
ezisixhenxe.

10Ke ngosuku lwamashumi amabini anantathu kwinyanga yesixhenxe
wawandulula agoduka amaSirayeli onwabile enemihlali ngenxa yezinto
ezintle uNdikhoyo awayezenzele uDavide noSolomon kunye nabantu bakhe
amaSirayeli.

UNdikhoyo ubonakala kuSolomon
(1 Kum 9:1-9)

11Ke uSolomon wathi akuba egqibile ukwakha indlu kaNdikhoyo kunye
nebhotwe lakhe, ekufezile nako konke awayezimisele ukukwenza endlwini
kaNdikhoyo nakwelo bhotwe lakhe,

12suka uNdikhoyo wabonakala kuye ebusuku, wathi: “Ndiwuvile umthandazo
wakho, ngoko ke le ndawo ndizinyulele yona ukuba ibe yindlu yam
yamadini.

13“Ngoko ke kuya kuthi xa ndithe ndawavala amazulu akwabikho mvula,
okanye xa ndithe ndathumela iinkumbi zalivikiva eli lizwe, mhlawumbi xa
ndithe ndathumela ubhubhani wesifo phakathi kwabantu bam,

14ukuba abantu bam abo babizwa ngegama lam bathe bazithoba bathandaza
bendikhunga befuna ubuso bam, bazilahla iindlela zabo ezikhohlakeleyo, ke

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

mna ndiya kubaphulaphula ndibeve ndisezulwini, ndisixolele isono sabo, ndilinyange ilizwe labo.

15Ewe, amehlo am aya kuhlala ejongile, neendlebe zam ndihlale ndizibazele imithandazo eyenziwa kule ndawo.

16Le ndlu ndiyinyule ndayingcwalisa ukuze igama lam lihlale apha kuyo ngonaphakade. Intliziyo yam namehlo am ohla ekule ndawo.

17“Ke wena ukuba uthe wahamba phambi kwam njengoyihlo uDavide, xa uthe wakwenza konke endikuyalela kona, wayigqala imimiselo nemithetho yam,

18ndiya kubuzinzisa ubukhosi bakho njengoko ndandinqophisene noyihlo uDavide ngokuya ndandisithi: ‘Akusoze ungabi nayo indoda engumlawuli kwaSirayeli.’

19“Kambe ke ukuba nithe nayijikela nayilahla imimiselo nemiyalelo endininike yona, naphamba naya kukhonza ninqula thixo bambi,

20mna ndomncothula uSirayeli kweli lizwe lam ndamnika lona, nale ndlu ndiyingcwalisele igama lam ndoyilahla. Ewe, ndiya kuyenza undaba-mlonyeni, ibe sisigculelo kuzo zonke izizwe.

21Ewe, ingade ibe ngoku inomtsalane le ndlu, kodwa bonke abadlula kuyo baya kumangaliseka, bathi: ‘Ngani ukuba uNdikhoyo enze into enje kweli lizwe nakule ndlu?’

22Bophendula ke abantu bathi: ‘Kungenxa yokuba aba bantu besuke bamfulathela uNdikhoyo uThixo wooyise, lowo wabakhupha eJiputa. Basuke baqhogana nathixo bambi, bababusa babanqula. Kungenxa yeso sizathu ke ebathobele esi sithwakumbe nje.’ ”

2 Yeziganeko 8

Eminye imisebenzi kaSolomon

(1 Kum 9:10-28)

© 1996 Bible Society of South Africa.

1Ke kaloku ekupheleni kwamashumi amabini eminyaka, xesha elo walithathayo uSolomon ekwakheni kwakhe indlu kaNdikhoyo kunye nebhotwe lakhe,

2uSolomon wazihlaziya iidolophu awayeziphiwe nguHiram, waza ke wamisa amaSirayeli kuzo.

3USolomon waya kuhlasela iHamati-zobha wayithimba.

4Kananjalo wayakha iTademore entlango phaya, ndawonye nazo zonke izixeko ezingoovimba awazimisa eHamati.

5Wayihlaziya neBhete-horon ephezulu ndawonye naleyo isezantsi, wazenza iinqaba ezibiyelweyo ngeendonga ezinamasango nemivalo,

6kwakunye neBhalati nazo zonke izixeko zakhe ezingoovimba, nezixeko zeenqwelo kunye nezamahashe akhe, nayo nantoni na awayakhayo eJerusalem naseLebhanon, ukanti nakuwo wonke ummandla awayewulawula.

7Bekukho abantu ababesele kwiintlanga zamaHiti, ama-Amori, amaPerezi, amaHivi, namaJebhusi. Ezi ntlanga ke zazingengawo amaSirayeli,

8koko zazisisizukulwana sazo esasingatshatyalaliswanga ngamaSirayeli. Ke uSolomon wazigaya zonke zalibutho labasebenzi abanyanzelwayo, njengoko kusenjalo unanamhla.

9Kambe ke uSolomon lo amaSirayeli akawafakanga kwibutho labasebenza ngokunyanzelwa, koko wawagayela kumabutho omkhosi, aba ziingqwayi-ngqwayi zomkhosi nababhexeshi beenqwelo, nabakhweli-mahashe.

10Amanye ke ayengamaphakathi aphambili kakumkani uSolomon, engamagosa angamakhulu amabini anamashumi amahlanu awayongamele amadoda.

11Ke kaloku uSolomon wamkhupha umkakhe owayeyintombi yokumkani waseJiputa phaya kwisixeko sikaDavide, wamsa kwelo bhotwe wayemakhele lona, kuba wayesithi: “Umfazi wam akanakuhlala kwisixeko sikaDavide

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ukumkani wakwaSirayeli, kuba ifakwe khona ityesi kaNdikhoyo; ngoko ke siyindawo engcwele.”

12Kwiqonga likaNdikhoyo awayelakhile phambi kwevaranda uSolomon wanikela amadini atshiswayo kuNdikhoyo,

13loo nto eyenza ngokwemfuneko nommiselo wemini nganye, ngokomlomo kaMosis mayela neMihla yoPhumlo, ukuthwasa kwenyanga, naloo matheko mathathu ayesenziwa minyaka le – itheko lezonka ezinganyuswanga, itheko lolibo, netheko lamaphempe.

14Ngokommiselo kayise uDavide naye wazimisa izigaba zababingeleli ngokwemisebenzi yabo, waza ke bona abaLevi wabamisela ukuba babhexeshe iingoma, nokuba basebenzisane nababingeleli ngokweemfuneko zemini nganye. Kananjalo wamisela nabagcini-masango ngokwamasango lawo ahlukeneyo. Kaloku lowo yayingummiselo kaDavide umfo wakwaThixo.

15Ewe, zange banxaxhe nakanye kwizimiso zikakumkani malunga nababingeleli nabaLevi nakuwuphi na umba, nditsho nangokunxulumene noovimba.

16Wonke loo msebenzi kaSolomon wafezekiswa, kusukela mhla sabekwa isiseko sendlu kaNdikhoyo yada ke yagqitywa. Ewe, yagqitywa indlu kaNdikhoyo.

17Ke uSolomon waya e-Eziyon-gebhere nase-Elati kunxweme lolwandle lwase-Edom.

18Ke uHiram wamthumelela iinqanawa ziqhutywa ngoomatiloshe bakhe, izinto ezazilwazi ulwandle, ziphantsi kweengqwayi-ngqwayi zazo. Bona ke bahamba namagosa kaSolomon baya eOfire, baza babuya bethwele igolide ebunzima buziikhilogram ezilishumi elinesihlanu lamawaka, bazinika ukumkani uSolomon.

2 Yeziganeko 9

Ukumkanikazi waseShebha utyelela uSolomon

(1 Kum 10:1-13)

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[1]Uthe ke ukumkanikazi waseShebha akuluva udumo lukaSolomon waya eJerusalem ngeenjongo zokukhe amvavanye ngemibuzo enzima. Wafika enehlokondiba lamaphakathi kunye negquba leenkamela zithwele izinongo, nento eninzi yegolide, namatye axabisekileyo, waza waya kuSolomon wathetha naye ngazo zonke izinto ezazisengqondweni yakhe.

[2]Ke uSolomon wayiphendula yonke imibuzo yakhe; ayikho into eyamxakayo kwiingcaciso awayezifuna.

[3]Ukumkanikazi waseShebha akububona ubulumko bukaSolomon, ebona nelo bhotwe wayelakhile,

[4]nokutya okusetafileni yakhe, naloo maphakathi akhe, nendlela ahlaliswe ngayo, nezicaka ziwunduzelisa ngeminweba, nabangcamli bevathe ezabo, naloo madini atshiswayo wayewenza endlwini kaNdikhoyo, wasuka wee khumnqa.

[5]Wathi kukumkani: “Ingxelo endiyive kwelakowethu mayela nempumelelo yakho ndawonye nobulumko bakho kuthe kanti yinyani.

[6]Kambe ke zange ndiyikholelwe into ababeyithetha de ndazibonela ngala wam amehlo. Ngenene mayela nobukhulu nobulumko bakho andixelelwanga nesiqingatha esi; wena ukude lee kwingxelo endandiyifumene.

[7]Anoyolo amadoda akwakho! Anenyhweba amaphakathi akho asoloko ekuququzelela esiva nobu bulumko bakho!

[8]Makabongwe uNdikhoyo uThixo wakho, yena ukholisekileyo nguwe waza wakubeka esihlalweni ukuze ulawule esikhundleni sakhe. UThixo wakho uyamthanda uSirayeli, yaye ke ufuna ukumxhasa naphakade, kungoko ke amise wena ukuba ube ngukumkani wamaSirayeli ukuze uzinzise umthetho nobulungisa.”

[9]Ke ukumkanikazi waseShebha wanika uSolomon igolide ebunzima bungaphezu kweekhilogram ezingamawaka amane, kunye nentaphane

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

yezinongo, namatye exabiso. Ezingako zona izinongo azizange zibekho njengezo zanikwa ukumkani uSolomon ngukumkanikazi waseShebha.

10Ke amadoda kaHiram nalawo kaSolomon eza negolide eOfire, kunye nomthi wom-algumi namatye exabiso.

11Ngaloo mthi wom-algumi ke ukumkani wenza amanqwanqwa okungena endlwini kaNdikhoyo nakwibhotwe lakhe, waza ngenxalenye yawo wenzela iimvumi iihapu nemirhubhe. Ezinjalo zazingazange zabakho kwaJuda.

12Ukumkani uSolomon wanika ukumkanikazi waseShebha konke awayekunqwenela nawayekucela; wamnika nangaphezu kwezinto awayeze nazo kuye. Ke ukumkanikazi lowo ekunye namaphakathi akhe bajika babuyela kwelakowabo.

Ubutyebi bukaSolomon
(1 Kum 10:14-25)

13Minyaka le ukumkani uSolomon wayefumana igolide ebunzima bukwisithuba samashumi amabini anantathu amawaka eekhilogram,

14ngaphandle kwengeniso eyayisiza nabarhwebi nabashishini. Kananjalo ookumkani belama-Arabhu nabalawuli belizwe elo baberhuma ngegolide nesiliva kuSolomon.

15Ukumkani uSolomon wenza amakhulu amabini amakhaka amakhulu. Ikhaka ngalinye lalityatyekwe ngegolide ekhandiweyo ebunzima bukwisithuba seekhilogram ezisixhenxe.

16Wenza namakhaka amancinci angamakhulu amathathu, ngalinye kuwo lityatyekwe ngegolide ekhandiweyo ebunzima bukwisithuba seekhilogram ezimbini. Ke ukumkani wawabeka kwibhotwe elibizwa ngokuba lihlathi laseLebhanon.

17Ukumkani wenza isihlalo sobukhosi. Sasisikhulu, sihonjiswe ngamabamba eendlovu, sityatyekwe ngegolide ecwengileyo.

18Esi sihlalo sasinamanqwanqwa okunyuka amathandathu kunye nendawo yokubeka iinyawo eyenziwe ngegolide ithe nca kwalapho kuwo. Macala eso

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

sihlalo sasineendawo zokubeka iingalo, kananjalo kukho nemifanekiso emibini yeengonyama isiphahlile.

19Kuloo manqwanqwa okunyuka amathandathu kwakumi iingonyama ezilishumi elinambini, zingambini ziphahle inqwanqwa ngalinye. Enjalo yona into yayingazange yenziwa nakubuphi na ubukumkani.

20Yonke impahla yokusela kakumkani uSolomon yayiyeyegolide, kananjalo nayo yonke impahla yebhotwe elalibizwa ngokuba lihlathi laseLebhanon yayiyigolide ecikizekileyo. Kwakungekho nto eyayenziwe ngesiliva, kuba kaloku ngemihla kaSolomon isiliva yayingaxabisekanga.

21Ukumkani wayeneqela leenqanawa zokurhweba ezaziqhutywa ngamadoda akwaHiram. Zazibuya kanye ngeminyaka emithathu, zifike zithwele igolide, isiliva, amabamba eendlovu, iinkawu, neemfene.

22Ukumkani uSolomon wayebalasele ngobutyebi nangobulumko kunabo bonke ookumkani behlabathi.

23Bonke ookumkani bamazwe babefuna amacebo kuSolomon ukuze beve ubulumko abunikwe nguThixo.

24Minyaka le umntu ngamnye ozayo wayesiza nomrhumo – izinto zesiliva, ezegolide, iminweba, izixhobo, izinongo, amahashe, neemeyile.

25USolomon wayenezitali zamahashe neenqwelo ezingamawaka amane, enamahashe angamawaka alishumi elinambini, awayewagcina kwizixeko zeenqwelo nakwakhe eJerusalem.

26Xa bebonke ookumkani wayebalawula ukususela kumlambo iEfrati kuye kwelamaFilistiya, kuthi xhaxhe ngomda weJiputa.

27Ke ukumkani lo isiliva wayenza yaxhaphaka eJerusalem oku kwamatye, umsedare wamninzi njengomthombe esihlanjeni.

28USolomon amahashe wayewazuza eJiputa nakuwo onke amanye amazwe.

Ukufa kukaSolomon
(1 Kum 11:41-43)

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

29Ke zona ezinye iziganeko zolawulo lukaSolomon ukususela ekuqalekeni
kude kuye esiphelweni, nâzo kwincwadi yeembali zomshumayeli uNatan,
nakwiintshumayelo zika-Ahiya waseShilo, ngokunjalo nakwimibono kaYedi
imboni echaza nangoJerobhowam unyana kaNebhati.

30Ke kaloku yaba yiminyaka emashumi mane uSolomon elawula kwaSirayeli
eJerusalem.

31Waza ke waya kuphumla kooyise, wangcwatywa kwisixeko sikayise
uDavide. URehobhowam unyana wakhe wangena esikhundleni sakhe
wangukumkani.

2 Yeziganeko 10

USirayeli uvukela uRehobhowam

(1 Kum 12:1-24)

1Ke kaloku uRehobhowam waya eShekem, kuba onke amaSirayeli ayeye
khona ukuze ammisele abe ngukumkani.

2Uthe ke akuyiva loo nto uJerobhowam unyana kaNebhati, wasuka wabuya
apho eJiputa – kaloku wayeseseJiputa oko wayebaleke ukumkani uSolomon.

3Ewe, bamthumelela uJerobhowam, waza yena noSirayeli ephela baya
kuRehobhowam, bathi kuye:

4“Uyihlo wabeka idyokhwe enzima phezu kwethu. Kambe ke wena xa
unokuwenza lula umthwalo ebesiwubekwe nguyihlo, ewe kanye idyokhwe
enzima abeyibeke phezu kwethu, sokukhonza.”

5Ke uRehobhowam wathi: “Ze nibuye nize apha kum emva kweentsuku
ezintathu.” Bemka ke abantu abo.

6Ke ukumkani uRehobhowam wathetha-thethana namadoda amakhulu
awayebusa kuyise uSolomon ngexesha lokudla kwakhe ubomi, wathi:
“Nicebisa ngelithini na nina ukuze ndibaphendule aba bantu?”

7Ke wona aphendula athi: “Ukuba uthe wanobubele kwaba bantu, wazama
ukubanelisa, wathetha kakuhle nabo, baya kusoloko bezizicaka zakho.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Kambe ke uRehobhowam walikhaba eli cebiso alinikwa ngamadoda amakhulu, waza wathetha-thethana nabafana abaziintanga zakhe, ababembusa.

9Wabuza kubo wathi: “Nindinika cebiso lini nina? Mandithini ukubaphendula aba bantu bathi: ‘Khawuyenze lula idyokhwe awayibeka phezu kwethu uyihlo’?”

10Abo bafana baziintanga zakhe baphendula bathi: “Abantu bathi: ‘Uyihlo wayenza nzima idyokhwe yethu, kodwa wena yenze ibe lula kuthi.’ Ke wena baxelele uthi: ‘Ucikicane wam ungaphezu kwesinqe sikabawo.

11Ukuba ubawo ubenithwalise idyokhwe enzima, mna ke ndiza kuyenza ibe nzima ngaphezulu. Ubawo ebenibetha ngoswazi, ke mna ndonikatsa ngemvubu.’ ”

12Emva kweentsuku ezintathu ke uJerobhowam nabantu bonke babuyela kuRehobhowam ngokwaloo mlomo wakhe owawuthe: “Ze nibuye nize apha kum emva kweentsuku ezintathu.”

13Ke ukumkani wabaphendula rhabaxa, walilahla icebiso lamadoda amakhulu,

14wathatha elabafana, wathi: “Ubawo wayenza nzima idyokhwe yenu. Mna ke ndiza kuyenza ibe nzima ngaphezulu. Njengoko yena ubawo ebenibetha ngoswazi, ke mna ndiza kunikatsa ngemvubu.”

15Ewe, ukumkani akabaphulaphulanga abantu, phofu ke ukuhamba kwezinto ngale ndlela kwakuvela kuThixo, efezekisa ilizwi awalithetha kuJerobhowam unyana kaNebhati ngomlomo ka-Ahiya waseShilo.

16Ke uSirayeli ewonke uthe akubona ukuba ukumkani uyala ukuphulaphula, wamphendula wathi: “Sinasabelo sini na kuDavide? Sinanxaxhebani na kunyana kaJese? Godukani, maSirayeli! Ke wena, Davide, jongana nendlu yakho!” Ngoko ke onke amaSirayeli agoduka.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Kambe ke wona amaSirayeli awayemi kwiidolophu zakwaJuda ahlala
ephantsi kolawulo lukaRehobhowam.

18Ukumkani uRehobhowam wathumela uAdoniram owayeyingqwayi-ngqwayi
kwabasebenza ngonyanzelo, kodwa amaSirayeli asuka amxuluba ngamatye
wafa. Phofu ke yena ukumkani waba nako ukungena enqwelweni, wasabela
eJerusalem.

19Unanamhla ke uSirayeli usavukelene nendlu kaDavide.

2 Yeziganeko 11

1Akufika eJerusalem uRehobhowam waqokelela indlu kaJuda nekaBhenjamin
– amawaka alikhulu elinamashumi asibhozo ewonke amadoda omkhosi –
ukuze alwe noSirayeli alubuyisele ulawulo kuRehobhowam.

2Kambe ke kwafika eli lizwi likaNdikhoyo kuShemaya umfo wakwaThixo
lisithi:

3“Thetha noRehobhowam unyana kaSolomon ukumkani wakwaJuda
namaSirayeli onke kwaJuda nakwaBhenjamin, uthi:

4‘Utsho uNdikhoyo ukuthi: Musani ukuya kulwa namawenu. Godukani nonke
ngabanye, kuba le nto yenziwe ndim.’ ” Ngoko ke bawathobela amazwi
kaNdikhoyo, babuya ekuhlaseleni uJerobhowam.

URehobhowam ukhusela uJuda

5URehobhowam wema eJerusalem, waza wazihlaziya wazakha iidolophu
ezithile ukukhusela uJuda.

6Wahlaziya iBhetelehem, iEtam, iTekowa,

7iBhete-zure, iSoko, iAdulam,

8iGati, iMeresha, iZifi,

9iAdorayim, iLakishe, iAzeka,

10iZoram, iAyalon, neHebron. Ezi yayiziidolophu ezinqatyisiweyo kwaJuda
nakwaBhenjamin.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11Wazomeleza iinqaba zazo, wafaka iingqwayi-ngqwayi kuzo nesixhaso
sokutya, amafutha omnquma, newayini.

12Kuzo zonke ezi zixeko wabeka amakhaka nemikhonto, wazitsho zomelela
kunene. Ngoko ke uJuda noBhenjamin yaba ngabakhe.

13Ke kaloku ababingeleli nabaLevi bazo zonke izithili bawelela ngakuye.

14AbaLevi bayishiya imihlaba yabo ngokunjalo namadlelo abo, baya kwaJuda
naseJerusalem, kuba uJerobhowam noonyana bakhe babubukula
ububingeleli babo ngokumiselwa nguNdikhoyo.

15Wasuka wamisela abakhe ababingeleli ukuze basebenze kwiindawo
eziphakamileyo zonqulo nakwimifanekiso yebhokhwe neyethole
awayeyenzile.

16Kuzo zonke izindlu zikaSirayeli abantu ababezimisele ukulandela
uNdikhoyo uThixo kaSirayeli bemka nabaLevi, baya eJerusalem, ukuze
banikele amadini kuNdikhoyo uThixo wooyise.

17Bawomeleza umbuso wakwaJuda, bamxhasa uRehobhowam unyana
kaSolomon iminyaka yamithathu, behamba ngeendlela ababehamba ngazo
besaphila uDavide noSolomon.

Indlu kaRehobhowam

18URehobhowam wathatha uMahalati intombi yonyana kaDavide uJerimoti
kunye noAbhihayili intombi yonyana kaJese uEliyabhi.

19Wamzalela la madodana: uJewushe, uShemariya, noZahama.

20Waphinda wathatha uMaka intombi ka-Abhasalom owazala uAbhiya,
uAtayi, uZiza, noShelomiti.

21Ke uRehobhowam wayemthanda gqitha uMahaka lo uyintombi ka-
Abhasalom, kuye ebalasele kunabo bonke abafazi bakhe ndawonye
namaqadi. Wayenabafazi abalishumi elinesibhozo, amaqadi wona
engamashumi amathandathu. Oonyana bakhe babengamashumi amabini
anesibhozo, iintombi zingamashumi amathandathu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22Ke kaloku uRehobhowam wamisela uAbhiya wayeyona nkulu koonyana
bakhe ukuze abe ngukumkani esikhundleni sakhe xa engasekho yena.

23URehobhowam wenza ubuchule, oonyana bakhe wabasarhaza kuzo zonke
izithili zakwaJuda nakwaBhenjamin, kuzo zonke izixeko ezinqatyisiweyo.
Wabaxhasa ngokwaneleyo, wabathathela abafazi abaninzi.

2 Yeziganeko 12

UShishaki uhlasela iJerusalem

(1 Kum 14:25-28)

1Ke kaloku uRehobhowam akuba ewuzinzisile umbuso wakhe selomelele,
wasuka yena noSirayeli ephela bawulahla umthetho kaNdikhoyo.

2Ngenxa yokunganyaniseki kwabo kuNdikhoyo, uShishaki ukumkani
waseJiputa wayihlasela iJerusalem xa ukumkani eRehobhowam akunyaka
wesihlanu.

3Umkhosi wakhe wawuneshumi elinambini lamakhulu eenqwelo, namawaka
angamashumi amathandathu abakhweli-mahashe, kunye nenyambalala
yamajoni angamaLibhiya namaSuki namaKushe awayephuma nawo eJiputa.

4Wazithimba iidolophu ezinqatyisiweyo zakwaJuda, wada waya kuthi xhaxhe
eJerusalem.

5Ngelo thuba ke kwafika umshumayeli uShemaya kuRehobhowam
neenkokheli zakwaJuda ezaziqokelelene eJerusalem ngokoyika uShishaki,
wathetha nabo wathi: “UNdikhoyo uthi: ‘Kaloku nindilahlile, ngoko ke ngoku
nam ndiza kuniyekela kuShishaki.’ ”

6Ke kaloku iinkokheli zakwaSirayeli kunye nokumkani zazithoba zathi:
“UNdikhoyo wenza ngobulungisa!”

7Ke uNdikhoyo, akubona ukuba bayazithoba, wathumela eli lizwi kuShemaya
wathi: “Ngenxa yokuba bezithobile andisayi kubatshabalalisa, koko
ndokhawuleza ndibahlangule. Andisayi kuwuphokozela eJerusalem
ngoShishaki umsindo wam.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Kambe ke baza kuba phantsi kwakhe, ukuze bawufunde umahluko phakathi
kokukhonza mna nokukhonza ookumkani bezinye izizwe.”

9Ke kaloku uShishaki ukumkani waseJiputa wayihlasela iJerusalem, waza
wabuthimba ubutyebi obabusendlwini kaNdikhoyo nobo babukoovimba
basebhotwe. Wabutha konke nje kunye naloo makhaka egolide ayenziwe
nguSolomon.

10Ngoko ke ukumkani uRehobhowam wenza amakhaka obhedu endaweni
yawo, waza wawanikezela ukuba agadwe ngabalindi ababelinda isango
lasebhotwe.

11Wayesithi ukumkani xa aya endlwini kaNdikhoyo abalindi bahambe naye
bephethe loo makhaka, aze ke akumka bawabuyisele endlwini yabo.

12Ngenxa yokuzithoba kwakhe ke uRehobhowam umsindo kaNdikhoyo wetha
phezu kwakhe, akamtshabalalisa ngokupheleleyo. Ewe, kwakusekho noko
okuhle kwaJuda.

13Ke ukumkani uRehobhowam wazinza eJerusalem, waza wawuqhuba
wahamba kakuhle umbuso wakhe. Ukungena kwakhe embusweni
wayeneminyaka emashumi mane ananye, waza ke walawula iminyaka
elishumi elinesixhenxe eJerusalem, isixeko esachongwayo nguNdikhoyo kuzo
zonke izizwe zakwaSirayeli, apho walimisa khona igama lakhe. Unina
yayinguNama umAmonikazi.

14Wênza okubi, kuba akazange azimisele ukumlandela ngomxhelo wakhe
uNdikhoyo.

15Ke ezinye zeziganeko zikaRehobhowam, ukususela ekuqaleni kuye kutsho
esiphelweni, nâzo kwincwadi yeembali zomshumayeli uShemaya nencwadi
yeembali zemboni uIdo, umshumayeli oyichazileyo imilibo yokuzalwa. Yaba
soloko iluzenge-zenge lwemfazwe phakathi koRehobhowam noJerobhowam.

16URehobhowam waya kuphumla kooyise, waza wangcwatyelwa kwisixeko
sikaDavide. Esikhundleni sakhe kwangena unyana wakhe uAbhiya.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

2 Yeziganeko 13

UAbhiya ukumkani wakwaJuda

(1 Kum 15:1-8)

1Ke kaloku ngonyaka weshumi elinesibhozo wolawulo lukaJerobhowam,
uAbhiya waba ngukumkani wakwaJuda,
2waza ke walawula eJerusalem iminyaka emithathu. Unina
yayinguMahaka intombi kaUriyeli waseGibheya. Yayisoloko iyimfazwe
phakathi koAbhiya noJerobhowam.
3UAbhiya walwa noJerobhowam, uAbhiya enomkhosi wamawaka
angamakhulu amane amajoni angoompondo-zihlanjiwe. Ke uJerobhowam
wangena kuloo mfazwe enomkhosi ongamakhulu asibhozo amawaka amajoni
aziimbalasane.
4UAbhiya wema kwintaba iZemarayim kwelo leentaba lakwaEfrayim, waza
wathi: “Phulaphulani, Jerobhowam nani nonke maSirayeli!
5Ngaba anazi na ukuba uNdikhoyo uThixo wakwaSirayeli umbuso
wakwaSirayeli wawunikela kwindlu kaDavide nesizukulwana sayo
ngomnqophiso wetyuwa oya kuma ngonaphakade?
6Kambe ke yena uJerobhowam unyana kaNebhati owayeliphakathi
likaSolomon unyana kaDavide wasuka wavukelana nenkosi yakhe.
7Iqedlana leendlavini lasuka langakuye, lachasana noRehobhowam unyana
kaSolomon, bamvuyelela kuba eselula, engekabi namava, futhi engekomeleli
ukuba abe nokuchasana naye.
8“Nangoku ke nisazimisele ukuwuchasa umbuso kaNdikhoyo osesandleni
sikaDavide nesizukulwana sakhe. Ngenene ningumkhosi omkhulu, futhi
ninaloo mathole enziwe ngegolide enawanikwa nguJerobhowam ukuze abe
ngoothixo benu.
9Andithi na kaloku nabagxotha ababingeleli bakaNdikhoyo abangoonyana
baka-Aron kunye nabaLevi, naza nina nazimisela abenu ababingeleli
njengezinye izizwe? Kuni nabani na ozihlambulula ngenkunzi yenkomo

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

eselula, kunye nesixhenxe seenkunzi zeegusha, lowo ke uba ngumbingeleli wento engenguye nothixo.

10“Ke thina uNdikhoyo nguThixo wethu, asimlahlanga. Ababingeleli abalungiselela uNdikhoyo ngoonyana baka-Aron bencediswa ngabaLevi.

11Ngazo zonke iintsasa neenjikalanga banikela amadini atshiswayo, benzele uNdikhoyo isiqhumiso esivumba liyolileyo. Babeka isonka kwitafile ehlambulukileyo, balumeke izibane ezikwisiphatho segolide ngazo zonke iinjikalanga. Thina siyazigqala izinto ezifunwa nguNdikhoyo uThixo wethu. Ke nina nisuke namfulathela.

12Niyabona, uThixo unathi; nguye osikhokelayo. Nangoku ababingeleli bakhe baza kunihlabel' umkhosi ngamaxilongo abo. Ewe, maSirayeli, musani ukulwa noNdikhoyo onguThixo wooyihlo, kuba ke soze niphumelele.”

13Ke kaloku uJerobhowam wathumela inxenye yomkhosi wakhe, warhawula uJuda ngasemva, kodwa yena wayengaphambili.

14UJuda ke wathi akujonga ngemva wafumanisa ukuba uhlaselwa ngaphambili nangesemva. Waza ke wakhala kuNdikhoyo, ababingeleli bona bakhalisa amaxilongo.

15Ke wona amadoda akwaJuda ahlab' umkhosi. Yathi yakuvakala intlaba-mkhosi, uThixo wamvuthulula uJerobhowam namaSirayeli onke phambi koAbhiya noJuda.

16AmaSirayeli ke aswantsula phambi koJuda; uThixo wamhlangula uJuda esandleni sawo.

17UAbhiya namadoda akhe bawabetha amaSirayeli atsho anelahleko enkulu, kwawa amawaka angamakhulu amahlanu eengxwelerha kuloo majoni aziimbalasane akwaSirayeli.

18Ewe, uSirayeli woyiswa ngeso sihlandlo, uJuda yena wabuya noloyiso, kuba kaloku wayekholose ngoNdikhoyo uThixo wooyise.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19UAbhiya wamsukelisa uJerobhowam, waza wathimba ezi dolophu: iBhetele,
iYeshana ne-Efron namaphandle ayingqingileyo.

20UJerobhowam ke akaphindanga abe namandla ngethuba lonke lika-Abhiya.
UNdikhoyo wambetha, waza ke wafa.

21Kodwa ke uAbhiya waya esomelela ngokomelela. Wathatha abafazi
abalishumi elinesine, waza wazala oonyana abangamashumi amabini
anambini neentombi ezilishumi elinesithandathu.

22Ke ezinye zeziganeko zolawulo luka-Abhiya, imisebenzi neentetho zakhe,
nâzo kwincwadi yeembali zomshumayeli uIdo.

2 Yeziganeko 14

1UAbhiya ke waya kuphumla kooyise, waza wangcwatywa kwisixeko
sikaDavide. UAsa unyana wakhe wangena esikhundleni sakhe. Ngemihla
yakhe ilizwe lazola iminyaka yalishumi.

UAsa ukumkani wakwaJuda

2UAsa yena wênza okulungileyo emehlweni kaNdikhoyo uThixo wakhe.

3Wazitshabalalisa iindawo eziphakamileyo zonqulo ndawonye namaqonga
asemzini; wawacumza amatye anqulwayo, wazigawula iintsika zika-Ashera.

4UJuda wamyalela ukuba alandele uNdikhoyo uThixo wooyise, ayithobele
imithetho nemiyalelo yakhe.

5Wazitshitshisa iindawo eziphakamileyo zonqulo namaqonga eziqhumiso
kuzo zonke iidolophu zakwaJuda, laza ke ilizwe laxhamla inzolo ngexesha
lakhe.

6Ngelo thuba lenzolo ke wazihlaziya wazakha izixeko ezinqatyisiweyo
zelakwaJuda. UNdikhoyo ke wamthi jize ngenzolo nokuphumla, akwabakho
sizwe silwa naye ngaloo minyaka.

7Wathetha noJuda wathi: “Masizomeleze ezi dolophu, sizibiyele zibe
neenqaba namasango nemivalo. Lo mhlaba ngowethu, kuba simfunile

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

uNdikhoyo uThixo wethu; ewe, simzondelele ukumfuna, waza ke wasinika ukuphumla macal' onke.” Ngoko ke bakha, baza banenkqubela.

8UAsa lo ke wayenomkhosi ongamawaka angamakhulu amathathu amadoda akwaJuda axhoba ngemikhonto namakhaka amakhulu; awakwaBhenjamin wona angamawaka angamakhulu amabini anamashumi asibhozo, iinto ezixhoba ngeentolo namakhaka amancinci; onke ke lawo ingoompondo-zihlanjiwe kwezemfazwe.

9UmKushe onguZera wabahlasela enomkhosi ongamawaka-waka, enamakhulu amathathu eenqwelo. Wahamba ke wema ngeMaresha.

10UAsa waphuma wamhlangabeza, baza ke bamisa amahlelo abo okulwa kwintili yaseZefata ngaseMaresha.

11UAsa ke wabiza kuNdikhoyo uThixo wakhe, wathi: “Ndikhoyo, akekho onjengawe omncedayo ongenamandla angabhuqwa ngonamandla. Ngoko ke sincede, Ndikhoyo, Thixo wethu. Kaloku thina sithembele ngawe; naku ke ngoku egameni lakho sijongene nalo mkhosi ungaka. Ndikhoyo, unguThixo wethu; musa ukuvumela umntu amelane nawe.”

12UNdikhoyo ke wawabetha amaKushe lawo, oyiswa nguAsa noJuda. AmaKushe abaleka,

13waza uAsa nomkhosi wakhe wawasukela wada wee xhaxhe ngeGerare. Kwafa inyambalala yamaKushe, ngangokude angabi sabi nako ukuphinda enze ibuyambo; ewe, uNdikhoyo nomkhosi wakhe wawatshabalalisa. Ke amadoda akwaJuda athatha into eninzi yamaxhoba.

14Azitshabalalisa zonke iidolophana ezijikeleze iGerare; kaloku bonke babengcangcazela besoyika uNdikhoyo. Bazitshabalalisa zonke ezo dolophana, abe ke amaxhoba emaninzi gqitha apho.

15Kananjalo bazihlasela nezigqubo zabelusi, bathimba imihlambi yeegusha neebhokhwe neenkamela; baza ke bagoduka baya eJerusalem.

2 Yeziganeko 15

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Uhlaziyo luka-Asa

1Ke kaloku uMoya kaThixo wafikela uAzariya unyana kaOdede,

2waza wanduluka waya kuAsa, wafika wathi kuye: “Khanindiphulaphule, Asa, nani nonke maJuda namaBhenjamin! Niyabona, uNdikhoyo uba nani xa nani ningakuye. Xa nizondelela ukumfuna nomfumana; kodwa ke xa nithe namshiya, naye wonishiya.

3Yaba lithuba elide amaSirayeli engenaye uThixo wokwenene, engenaye nambingeleli wakufundisa; ewe, engenawo namthetho.

4Kuloo nkxwaleko ke abuyela kuNdikhoyo uThixo kaSirayeli, amfuna, aza amfumana.

5Ngaloo mihla kwakungumngcipheko ukuhamba-hamba, kuba kaloku abemi belizwe babephithizela.

6Isizwe sasitshatyalaliswa sesinye, isixeko sibhuqwa sesinye, kuba uThixo wayebaphithizelisa ngeendidi zonke zeenkxwaleko.

7Kambe ke nina yomelelani ninganikezeli, kuba umsebenzi wenu woba nomvuzo.”

8Suka ke uAsa wakhuthazeka akuyiva intshumayelo yomshumayeli unyana kaOdede. Wayitshitshisa imifanekiso engamasikizi kuwo wonke umhlaba wakwaJuda nowakwaBhenjamin, nakwiidolophu awazithimba kweleentaba lakwaEfrayim. Walilungisa iqonga likaNdikhoyo elaliphambi kwevaranda yendlu kaNdikhoyo.

9Waza ke wamqokelela wonke uJuda noBhenjamin kwakunye namaEfrayim, amaManase, namaSimon awayeze kuma phakathi kwabo; kaloku into eninzi kubo yayimshiyile uSirayeli, yeza kuAsa, yakuqonda ukuba uNdikhoyo uThixo wakhe ungakuye.

10Ewe, bahlanganisana eJerusalem ngenyanga yesithathu kunyaka weshumi elinesihlanu wolawulo luka-Asa.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Ngelo thuba ke benzela uNdikhoyo amadini ngamakhulu asixhenxe
eenkomo namawaka asixhenxe eegusha neebhokhwe; mfuyo leyo ke
yayingamaxhoba ababuya nawo.

12Bazibophelela kumnqophiso wokufuna uNdikhoyo uThixo wooyise
ngomxhelo wabo wonke nangomphefumlo wonke.

13Ke bona bonke ababengazimiselanga ukumfuna uNdikhoyo uThixo
kaSirayeli bamiselwa ukubulawa, omdala nomncinci, oyindoda nongumfazi.

14Bafunga phambi koNdikhoyo, baduma batsho ngentswahla namaxilongo
nezigodlo.

15Wonke uJuda wasithakazelela eso sifungo kuba wayesenze ngomxhelo
wakhe wonke. UThixo bamfuna ngolangazelelo, baza ke bamfumana. Ngoko
ke uNdikhoyo wabaphumza ngeenxa zonke.

16Ukumkani uAsa wamkhiqa unina-khulu uMaka kwisikhundla sokuba
yikumkanikazi; kaloku yena wayenze isikizi eliyintsika ka-Ashera. UAsa
wayigawula loo ntsika wayinqunqa, waza wayitshisa kwintili yeKedron.

17Nangona engazitshitshisanga iindawo eziphakamileyo zonqulo kwaSirayeli,
noko uAsa wayenqula uNdikhoyo ngomxhelo wakhe wonke bonke ubomi
bakhe.

18Wayizisa endlwini kaThixo isiliva negolide nenye impahla yonqulo, leyo
yena noyise babeyenze umnikelo.

19Akuphindanga kubekho mfazwe, yada yangunyaka wamashumi amathathu
anantlanu wolawulo luka-Asa.

2 Yeziganeko 16

Imihla yokugqibela ka-Asa
(1 Kum 15:17-24)

1Ke kaloku kwathi kunyaka wamashumi amathathu anantandathu wolawulo
luka-Asa kwanyuka uBhayesha ukumkani wakwaSirayeli, weza kuhlasela

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

uJuda, wafika wayingqinga iRama, wavala akwabi nakungena nakuphuma mntu kummandla ka-Asa ukumkani wakwaJuda.

2Ke uAsa wayithatha isiliva negolide eyayikoovimba bendlu kaNdikhoyo nakwabo bebhotwe lakhe, waza wayithumela kuBhenadadi ukumkani wama-Aram owayelawula eDamasko.

3Wathi kuye: “Makubekho umnqophiso phakathi kwam nawe, nanjengokuba wawukhona phakathi kukabawo noyihlo. Nâso isipho endikunika sona: igolide nesiliva. Wuqhawule ke umnqophiso ophakathi kwakho noBhayesha ukumkani wakwaSirayeli, khon' ukuze andiyeke.”

4UBhenadadi ke wavumelana nokumkani uAsa, waza wathumela iingqwayi-ngqwayi zomkhosi wakhe, zaya kuhlasela iidolophu zakwaSirayeli, bayoyisa i-Iyon, nesixeko sakwaDan, neAbhele-mayim,nazo zonke izixeko ezingoovimba zakwaNafetali.

5Akuyiva le nto uBhayesha wayeka ukwakha engqinga iRama, wawushiya loo msebenzi.

6Ke ukumkani uAsa weza nawo onke amadoda akwaJuda, baza bawafudusa eRama amatye kunye nemithi eyayisetyenziswa khona nguBhayesha. Ngezo zinto ke wakha iGebha neMizpa.

7Ngelo thuba ke imboni uHanani yeza kukumkani uAsa wakwaJuda, yathi kuye: “Ngenxa yokuba usuke wakholosa ngokumkani wama-Aram endaweni yokukholosa ngoNdikhoyo uThixo wakho, ngoko ke umkhosi wama-Aram uza kuphuncuka esandleni sakho.

8Andithi na amaKushe namaLibhiya ayengumkhosi onamandla onenyambalala yeenqwelo nabakhweli-mahashe? Kanti ke wathi ngokukholosa ngoNdikhoyo, yena wawunikela esandleni sakho loo mkhosi.

9Kaloku wona amehlo kaNdikhoyo akulo lonke ihlabathi, yaye ke uyabomeleza abo babambelele kuye ngokupheleleyo. Ewe, wenze into

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

yobuyatha; ngoko ke ukusukela ngoku uza kuntyumpa-ntyumpeka emfazweni.”

10Kambe ke uAsa wasuka wakhathazeka yiloo nto yayithethwe yimboni kuye, ngangokuba ade ayibambe ayivalele entolongweni. Kananjalo ke uAsa wasuka ngoku wabangcungcuthekisa ngengcinezelo abanye abantu.

11Ke kaloku iziganeko zolawulo luka-Asa, ukusuka ekuqalekeni kuye esiphelweni, nâzo zibhalwe encwadini yeembali zookumkani bakwaJuda nabakwaSirayeli.

12Ngonyaka wamashumi amathathu anethoba wolawulo lwakhe uAsa wangenelwa sisifo seenyawo. Nangona wayebambekile, naxa yayingasekuko, akazange afune uncedo kuNdikhoyo, koko wabhenela kumagqirha.

13Ke kaloku kunyaka wamashumi amane ananye wasweleka uAsa, waya kuphumla kooyise.

14Wangcwatywa kwingcwaba awayezenzele lona kwisixeko sikaDavide. Umzimba wakhe bawusebenza ngobulawu, loo nto beyenza ngobugcisa, bamqhola ngeendidi ngeendidi zeziqholo; baza ke bamzilela ngomlilo omkhulu.

2 Yeziganeko 17

UYoshafti ukumkani wakwaJuda

1Ke uYoshafati unyana ka-Asa wangena esikhundleni sikayise, waza ke wawomeleza umkhosi wakhe ukuze angoyiswa nguSirayeli.

2Wamisa umkhosi kuzo zonke izixeko ezinqatyisiweyo zakwaJuda; wamisa amabutho kwaJuda nakwiidolophu zakwaEfrayim ezazithinjwe nguyise uAsa.

3 UNdikhoyo ke waba naye uYoshafati kuba wayehamba ngeendlela uyise awayehamba ngazo kuqala. Wayengabuzisi kooBhali,

4koko efunana noThixo kayise, ehamba ngemiyalelo yakhe yonke, engazilandeli izenzo zamaSirayeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.

5UNdikhoyo wawuzinzisa phantsi kwakhe umbuso wakhe, waza wonke uJuda
wazisa izipho kuye, waza ke wasisityebi, futhi wahlonelwa.

6Wayezinikezele ngentliziyo yakhe yonke kwiindlela zikaNdikhoyo; ngaphezu
koko ke wazitshitshisa iindawo eziphakamileyo zonqulo kunye neentsika
zika-Ashera kwelakwaJuda.

7Ke kaloku ngonyaka wesithathu wolawulo lwakhe uYoshafati wathumela la
maphakathi ukuba aye kufundisa kwiidolophu zakwaJuda: uBhen-rhayili,
uObhadiya, uZakariya, uNataniyeli, noMikaya.

8Ayekhatshwa ngaba baLevi: uShemaya, uNetaniya, uZebhadiya, uAsaheli,
uShemiramoti, uYehonatan, uAdoniya, uLabhiya, uTobhiya, noTobhi-
adoniya, nababingeleli uElishama noYoram.

9Babephethe incwadi yomthetho kaNdikhoyo, baza ke bafundisa kulo lonke
elakwaJuda, bazijikeleza iidolophu zakhona, bafundisa abantu.

10Ke kaloku uNdikhoyo watsho wahlonelwa zizo zonke izikumkani zemihlaba
ejikeleze uJuda, ngaloo ndlela ke akwabikho sizwe sikathaza uYoshafati
ngemfazwe.

11AmaFilistiya athile arhuma ngezipho nangesiliva, aza ama-Arabhu amzisela
imihlambi: amawaka asixhenxe anamakhulu asixhenxe eenkunzi zeegusha,
namawaka asixhenxe anamakhulu asixhenxe eebhokhwe.

12UYoshafati waya esomelela ngokomelela. Wakha iinqaba nezixeko
ezingoovimba kwaJuda,

13kananjalo umphako omninzi ewugcina kwiidolophu zakwaJuda. Wayenawo
namajoni anamava, ewagcina eJerusalem.

14Nalu uludwe lwawo ngokwemilibo: KwaJuda: iingqwayi-ngqwayi
zamabutho: uAdena ingqwayi-ngqwayi eyayinamajoni angamakhulu
amathathu amawaka;

15kulandele uYohanan ingqwayi-ngqwayi eyayinamajoni angamawaka
angamakhulu amabini anamashumi asibhozo;

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16kuze uAmasiya unyana kaZikri owazinikezela ngokwakhe ukusebenzela
uNdikhoyo enamajoni angamawaka angamakhulu amabini.

17KwaBhenjamin: uEliyada, igorha lomfo owayenamajoni axhobe ngeentolo
namakhaka – amawaka angamakhulu amabini;

18kulandele uYozabhadi enamajoni axhobele imfazwe alikhulu elinamashumi
asibhozo lamawaka.

19La ke ngamadoda awayesebenzela ukumkani, ngaphandle kwalawo
awayehlaliswa kwizixeko ezinqatyisiweyo kulo lonke elakwaJuda.

2 Yeziganeko 18

UMika ulumkisa uAhabhi
(1 Kum 22:1-28)

1Ke kaloku uYoshafati wayemkhulu ngobutyebi nesidima, waza
wazihlobanisa noAhabhi ngobulawu.

2Emva kweminyaka ke waya kutyelela uAhabhi eSamariya. UAhabhi ke
wamxhelela iigusha ezininzi, ngokunjalo neenkomo, esenzela yena neqela
lakhe; kananjalo wamcenga ukuba ahlasele iRamoti yaseGiliyadi.

3UAhabhi ukumkani wakwaSirayeli wacela uYoshafati wathi: “Uya kuhamba
nam na, silwe neRamoti yaseGiliyadi?” UYoshafati wathi: “Mna nawe
sibanye; abantu bam ngabantu bakho. Siya kuba kunye kule mfazwe.”

4Kodwa ke uYoshafati waleka ngelithi kukumkani wakwaSirayeli:
“Khawuqale ubuzise kuNdikhoyo.”

5Ngoko ke ukumkani wakwaSirayeli waqokelela abashumayeli
abangamakhulu amane, wabuza wathi: “Singaya kulwa na neRamoti
yaseGiliyadi, okanye ndirhoxe?” Bathi: “Yiya; uThixo uza kuyinikela
esandleni sikakumkani.”

6Kambe ke uYoshafati wathi: “Akusekho mshumayeli kaNdikhoyo na apha
esinokubuza kuye?”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Ukumkani wakwaSirayeli wathi kuYoshafati: “Kusekho indoda enye esingabuzisa ngayo kuNdikhoyo, kodwa ke mna ndiyithiyile, kuba ayishumayeli okuhle ngokubhekisele kum, soloko ibububi bodwa. Igama layo nguMika, unyana kaImla.” UYoshafati wathi: “Hayi bo, ukumkani makangathethi njalo.”

8Ngoko ke ukumkani wakwaSirayeli wabiza elinye lamaphakathi akhe, wathi kulo: “Khawuleza uze noMika, unyana kaImla.”

9Ke kaloku ukumkani wakwaSirayeli noYoshafati ukumkani wakwaJuda babevethe ezobukhosi, bengqendeve ezihlalweni zabo esandeni sokubhula esikufuphi nesango laseSamariya, nabashumayeli belapho phambi kwabo beshumayela.

10Ke uZedekiya, unyana kaKenana, wayenze iimpondo ngentsimbi, waza ke wathi: “Utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘Ngezi mpondo ùya kuwahlaba uwatshabalalise ama-Aram.’ ”

11Nabanye ke abashumayeli bashumayela kwaloo nto, besithi: “Phakathi! Yihlasele iRamoti yaseGiliyadi. Uza kuyoyisa, kuba uNdikhoyo uyinikele esandleni sikakumkani.”

12Ke isigidimi esasiphuthume uMika sathi kuye: “Uyabona ke, abanye abashumayeli batsho ngazwi-nye kukumkani ukuthi uza kuphumelela. Nawe ke uze ungaphikisani nabo, koko uthethe okuhle.”

13UMika ke yena wathi: “Ekho nje uNdikhoyo, ndiza kuthetha kuphela loo nto andixelela yona uThixo wam!”

14Akuba efikile ke, ukumkani wathi kuye: “Mika, singaya kulwa na neRamoti yaseGiliyadi, okanye ndirhoxe?” UMika wathi: “Phakathi! Yihlasele; uya kuyoyisa, kuba baza kunikelwa esandleni senu!”

15Ukumkani wathi kuye: “Koda kube kangaphi ndikufungisa ndisithi musa ukundixelela nto yimbi ngaphandle kwenyaniso egameni likaNdikhoyo?”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16UMika wathi: “Ewe, uSirayeli ndimbone ethe saa ezintabeni, engathi
ziigusha ezingenamalusi; waza uNdikhoyo wathi: ‘Aba bantu abanankosi,
ngoko ke elowo nalowo makagoduke ngoxolo.’ ”

17Ukumkani wakwaSirayeli wathi kuYoshafati: “Bendingatshongo na kuwe
ukuba lo mfo akaze ashumayele into entle ngam, koko zezimbi zodwa!”

18Ke uMika waqhuba wathi: “Ngoko ke liveni ilizwi likaNdikhoyo.
UNdikhoyo ndimbone ehleli esihlalweni sakhe, umkhosi wonke wasezulwini
umi ngasekunene nangasekhohlo kwakhe.

19Waza ke yena wathi: ‘Yaz' ukuba ngubani na oya kulukuhla uAhabhi aze
ahlasele iRamoti yaseGiliyadi, khon' ukuze afele khona?’ Omnye uthethe
ngolu hlobo, waza ke omnye wathetha ngoluya.

20Ekugqibeleni ke kuvele moya uthile, wema phambi koNdikhoyo, wathi:
‘Ndiya kumlukuhla mna.’

21‘Uya kumlukuhla kanjani?’ ubuzile uNdikhoyo. Umoya lowo uthe:
‘Ndophuma ndiye ndibe ngumoya wobuxoki emlonyeni wabo bonke
abashumayeli.’ Waza ke uNdikhoyo wathi: ‘Hamba ke, wenjenjalo; uya
kuphumelela ekumlukuhleni.’

22Ke ngoku uNdikhoyo ufake umoya wobuxoki emilonyeni yabo bonke aba
bashumayeli bakho. Ewe, uNdikhoyo ukumisele intlekele.”

23Wasuka ke uZedekiya unyana kaKenana waya kuMika, wafika wamqhwaba
ngempama, wathi: “Ugqithe phi na kum loo moya kaNdikhoyo ukuba aye
kuthetha kuwe?”

24UMika wathi: “Loo nto uya kuyiqonda mhla waya kuzimela kwigumbi
elingaphakathi.”

25Ukumkani wakwaSirayeli wathi: “Mthatheni uMika lo, nimse kuAmon
usibonda wesixeko noYowashe unyana kakumkani,

26nithi: ‘Utsho ukumkani ukuthi: Valelani lo mfo entolongweni, angatyi nto
ngaphandle komxheshwana wesonka namanzi, ndide ndibuye ndiphilile.’ ”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

27Ke uMika wathi: “Ukuba ngaba ungabuya uphilile, woba uNdikhoyo
engathethanga ngomlomo wam.” Waza ke wongezelela ngelithi: “Wagqaleni
la mazwi xa ninonke, bantundini!”

Ukufa kuka-Ahabhi
(1 Kum 22:29-35)

28Ngoko ke ukumkani wakwaSirayeli noYoshafati ukumkani wakwaJuda
benyuka baya eRamoti yaseGiliyadi.

29Ukumkani wakwaSirayeli wathetha noYoshafati, wathi: “Mna ndiza
kungena kweli dabi ndinxibe ngendlela eya kundenza ndingaqondakali ukuba
ndingukumkani, kodwa ke wena nxiba ezobukhosi.” Ke ukumkani
wakwaSirayeli wazenza mntu wumbi, waza ke waya apho edabini.

30Ke ukumkani wama-Aram waziyalela iingqwayi-ngqwayi zeenqwelo zakhe
wathi: “Ze ningalwi naye nawuphi na omnye umntu, nokuba ngomncinci,
nokuba ngomkhulu, yilwani nokumkani wakwaSirayeli yedwa.”

31Zithe ke iingqwayi-ngqwayi zeenqwelo zakubona uYoshafati, zacinga zathi:
“Nguye lo ukumkani wakwaSirayeli.” Ngoko ke zaphethuka zafunzela kuye,
kodwa uYoshafati wasuka wakhala, waza ke uNdikhoyo wamhlangula. Ewe,
uThixo wenza ukuba zirhoxe zimke ngakuye;

32kaloku zathi iingqwayi-ngqwayi ezo zakuqonda ukuba akanguye ukumkani
wakwaSirayeli, zayeka ukumsukela.

33Kambe ke joni lithile lasuka lajolisa nje ngokungakhathali ngotolo, suka
lachana ukumkani wakwaSirayeli, utolo lwangena ekudibaneni kwezikhuselo
awayezinxibile. Ukumkani wathetha nomqhubi wenqwelo yakhe, wathi:
“Bandingxwelerhile; yijike inqwelo, siphume edabini.”

34Idabi laqhuba ke yonke loo mini, wabe yena ukumkani wakwaSirayeli emi
ebambelele enqwelweni yakhe, ejongise ngakuma-Aram kwada kwahlwa.
Kambe ke ukutshona kwelanga wafa.

2 Yeziganeko 19

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Ke kaloku uYoshafati ukumkani wakwaJuda wabuyela ebhotwe eJerusalem esindile,

2waza ke wahlangatyezwa yimboni uYehu unyana kaHanani, wathi kukumkani: “Ngaba kulungile ukuba usize isikhohlakali, ubathande abo bamthiyileyo uNdikhoyo? Ngenxa yesi senzo ke ingqumbo kaNdikhoyo iphezu kwakho.

3Kambe ke kukho le ndawana ikuthethelelayo, le yokuba wazisusa iintsika zika-Ashera kweli lizwe, waza wena wazimisela ukufunana noThixo.”

UYoshafati umisela iinkokheli

4UYoshafati wahlala eJerusalem, wabuya wahamba-hamba phakathi kwabantu, athi eseBheshebha, abe ekweleentaba zakwaEfrayim. Abantu wababuyisela kuNdikhoyo uThixo wooyise.

5Wamisela abagwebi kuzo zonke izixeko ezinqatyisiweyo zakwaJuda.

6Wathi kubo: “Zigqaleni ngenyameko izinto enizenzayo. Kaloku ezo zigqibo nizenzayo anizenzeli abantu, koko nizenza egameni likaNdikhoyo. Yena ke uhlala enani nanini na nisiwisa isigwebo.

7Ngoko ke mhloneleni uNdikhoyo. Ze nigwebe ngenyameko, kuba yena uNdikhoyo uThixo wethu akayenzi into engekho mthethweni; akanagobe, yaye ke akanyobeki.”

8NaseJerusalem ke uYoshafati wamisela abanye abaLevi nababingeleli neentloko zezindlu zakwaSirayeli, ukuze baphuhlise umthetho kaNdikhoyo, balamle iimbambano. Ke babehlala eJerusalem.

9Wabayalela ngolu hlobo: “Sebenzani ngentembeko nangomxhelo wenu wonke, nimhlonela uNdikhoyo.

10Kumbandela ngamnye oza kuni uphuma kumawenu ahlala ezixekweni (nokuba ngumcimbi wokuphalala kwegazi, okanye izinto eziphathelele emthethweni, imiyalelo, imimiselo, okanye imiqathango ethile) nina

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

balumkiseni bangamoni uNdikhoyo, kungenjalo ingqumbo yakhe yoba phezu kwenu namawenu lawo. Yenzani loo nto ke ukuze ningoni.

11“Umbingeleli omkhulu uAmariya nguye oya kunongamela kwimicimbi ephathelele kuNdikhoyo; kanti ke yena uZebhadiya unyana kaIshmayeli wonongamela kweziphathelele kukumkani. Ke bona abaLevi boba ngabaququzeleli benu. Yomelelani nizimisele! Ngamana ke uNdikhoyo wangakubo bonke abenza okulungileyo.”

2 Yeziganeko 20

UYoshafati woyisa amaMowabhi nama-Amon

1Ke kaloku emva koku amaMowabhi nama-Amon ekunye namaMawunaya kulwa noYoshafati.

2Abathile ke beza kuxelela uYoshafati bathi: “Nantso inyambalala yomkhosi ophuma e-Edom isiza kukuhlasela, ingaphaya ngaphesheya kolwandle. Seyichophele ukuhlasela iphaya eHazezon-tamare.” (YiEngedi ke leyo.)

3UYoshafati ke wothuka, wazimisela ukufuna uncedo kuNdikhoyo, wamisela inzila kuJuda ewonke.

4AbakwaJuda ke baqokelelana ukuza kufuna uncedo kuNdikhoyo; ewe, beza bephuma kuzo zonke iidolophu zakwaJuda befuna uNdikhoyo.

5Ke uYoshafati waphakama apho kwelo bandla likaJuda kunye neJerusalem endlwini kaNdikhoyo phambi kwaloo nkundla intsha,

6waza wathi: “Ndikhoyo, Thixo woobawo, andithi na kaloku unguThixo osezulwini? Nguwe olawula zonke izikumkani zezizwe. Amandla nokomelela kusesandleni sakho; akukho mntu unokumelana nawe.

7Ke kaloku, wena Thixo wethu, wabadudula wabakhupha abemi beli lizwe, amaSirayeli ebukele, waza lona walinikela ukuba libe lelesizukulwana sika-Abraham isihlobo sakho ngonaphakade.

8Bema kulo ke, baza kulo bakha indawo engcwele egameni lakho, besithi:

© 1996 Bible Society of South Africa.

9‘Sothi sakufikelwa sisithwakumbe, noba sisibetho sekrele, ubhubhani, noba yindlala, thina sime phambi kwakho kule ndlu ibizwa ngegama lakho, sikhale kuwe embandezelweni yethu, ke wena usiphulaphule usihlangule.’

10“Ngoko ke ngoku nanga ama-Amon, amaMowabhi nâbo bentaba iSeyire, ummandla lowo wena ungavumanga ukuba awuhlasele uSirayeli ukuphuma kwakhe eJiputa, waza ke uSirayeli wabacezela akabatshabalalisa.

11Khawubone ke indlela abasibuyekeza ngayo ngokuza kusigxotha kwisabelo owasinika ukuze sibe lilifa lethu.

12Thixo wethu, khawubohlwaye. Thina ngokunokwethu asinawo amandla okujongana nale nyambalala yomkhosi osihlaselayo. Ewe, asazi nemasikwenze, koko amehlo ethu akhangele kuwe.”

13Onke amadoda akwaJuda, nabafazi, nabantwana, neentsana, bema phambi koNdikhoyo.

14Ke uMoya kaNdikhoyo wafikela uYaziyeli unyana kaZakariya, kaBhenaya, kaYehiyeli, kaMataniya umLevi oyinzala ka-Asafu, emi njalo apho ebandleni.

15Wathi: “Phulaphulani, kumkani uYoshafati nani bemi bakwaJuda naseJerusalem. UNdikhoyo uthi kuni: ‘Sanukoyika; ze ningatyhafi ngenxa yale nyambalala yomkhosi. Kaloku imfazwe le asiyoyenu, yekaThixo.

16Ngomso phumani niye kubo. Ke bona boba beqabela kwinkalo yaseZizi; nina nobafumana ekupheleni kwengxingwa kwintlango kaJeruweli.

17Asinini abaya kulilwa eli dabi. Yimani ngeendawo zenu, niqingqe nje, nibukele uNdikhoyo enihlangula, ndlundini kaJuda nani bemi baseJerusalem. Ze ningoyiki okanye nityhafe. Ngomso phumani nijongane nabo, uNdikhoyo uya kuba nani.’ ”

18UYoshafati waguqa, ubuso ebujongise emhlabeni, nabantu bakwaJuda nabaseJerusalem bawa phantsi, banqula uNdikhoyo.

19Ke abaLevi abathile, abangamaKohati namaKora, basuka bema ngeenyawo badanduluka kanobom bebonga bedumisa uNdikhoyo uThixo kaSirayeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

20Bavuka kusasa ngengomso, baphuma bajonga kwintlango yaseTekowa. Xa
baphumayo ke uYoshafati wema wathi: “Ndiphulaphuleni, maJuda nani bemi
baseJerusalem! Kholosani ngoNdikhoyo uThixo wenu, yaye ke yena uya
kunixhasa. Ukuba niyabathemba abashumayeli bakhe niya kuphumelela.”

21Akuba ethetha-thethene nabantu uYoshafati wamisela iimvumi zokuculela
uNdikhoyo, ukuze zimbonge ngenxa yobunewu-newu bobungcwele bakhe.
Zawukhokela ke umkhosi lowo, zimemelela zisithi: “Bulelani kuNdikhoyo,
kuba izibele zakhe zimi ngonaphakade.”

22Bathe bakucula bedumisa, suka uNdikhoyo wawurhwaqelisa umkhosi
wama-Amon namaMowabhi, nâbo bentaba iSeyire ababehlasela uJuda; kubo
yaba ngathi bangqingiwe, baza ke boyiswa.

23Kaloku ama-Amon namaMowabhi asuka avukelana namadoda entaba
iSeyire, awangenela awatshabalalisa. Akuba ewagwintile amadoda aseSeyire,
ajika abulalana kwaodwa.

24Athe ke amaJuda akufika kwindawo evelele intlango leyo, akuwujonga loo
mkhosi mkhulu kunene, kuphela abona izidumbu zithe gangalala emhlabeni,
kungekho nomnye osindileyo.

25Ngoko ke uYoshafati namadoda akhe basuka bachola-chola amaxhoba:
impahla eyayikwezo zidumbu, nezinye izinto ezixabisekileyo – intabalala
ababengenako ukuyiphatha yonke. Amaxhoba lawo ayemaninzi
kangangokuba bathatha iintsuku ezintathu ukuwaqokelela.

26Ngosuku lwesine ke bahlanganisana kwintili yeBheraka, baza ke apho
bamdumisa uNdikhoyo. Kungoko ke loo ndawo kwathiwa yintili yeBheraka
unanamhlanje.

27AbakwaJuda naseJerusalem ke bonke bakhokelwa nguYoshafati, bajika
bevuya baya eJerusalem. Kaloku uNdikhoyo wabatsho banemincili bavuya
phezu kweentshaba zabo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

28EJerusalem bangena bajonga endlwini kaNdikhoyo bekhalisa iihapu, imirhubhe, namaxilongo.

29Ithe ke yakuvakala imbali yokulwa kukaNdikhoyo neentshaba zikaSirayeli, suka zonke izizwe nezikumkani zamoyika zamhlonela uThixo.

30Umbuso kaYoshafati ke waxhamla uxolo, kuba kaloku uThixo wakhe wayemnike ukuphumla macal' onke.

Isiphelo sokulawula kukaYoshafati
(1 Kum 22:41-50)

31Ngoko ke uYoshafati wamlawula uJuda. Ukuqala kwakhe ukulawula wayeneminyaka emashumi mathathu anantlanu, waza ke walawula eJerusalem iminyaka emashumi mabini anantlanu. Unina yayinguAzubha intombi kaShili.

32Yena wahamba ngeendlela zikayise uAsa, akanxaxha kuzo; ewe, yena wayesenza okulungileyo emehlweni kaNdikhoyo.

33Kambe ke zona iindawo eziphakamileyo zonqulo zange zitshitshiswe; abantu abazange bade babambelele ngomxhelo wabo kuThixo wooyise.

34Ke ezinye zeziganeko zolawulo lukaYoshafati, ukusukela ekuqalekeni kude kuye esiphelweni, nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaSirayeli, ngcombolo leyo ke ilandwa nguYehu unyana kaHanani.

35Kamva ke ukumkani wakwaJuda uYoshafati wakha unxibelelwano noAhaziya ukumkani wakwaSirayeli, umfo owayesaziwa ngenkohlakalo.

36Wavumelana naye ukuba bakhe igqiza leenqanawa zokurhweba, abathe bazakha e-Eziyon-gebhere.

37Ke uEliyezere unyana kaDodavu waseMaresha washumayela ngoYoshafati wathi: “Ngenxa yokuba unxibelelene noAhaziya, uNdikhoyo uza kuyitshabalalisa loo nto niyenzileyo.” Iinqanawa ezo ke zasuka zatshona, azabi nako ukulithatha elo phulo lorhwebo.

2 Yeziganeko 21

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Ke uYoshafati waya kuphumla kooyise, waza ke wangcwatywa phakathi
kwabo kwisixeko sikaDavide. Esikhundleni sakhe kwangena uYehoram
unyana wakhe.

UYehoram ukumkani wakwaJuda
(2 Kum 8:17-24)

2Abantakwabo-Yehoram, oonyana bakaYoshafati, yayingooAzariya,
uYehiyeli, uZakariya, uAzariyahu, iMikayeli, noShefatiya. Bonke abo ke
ngoonyana bakaYoshafati ukumkani wakwaSirayeli.

3Uyise wabanika intaphane yezipho: isiliva, igolide, nezinto ezixabisekileyo,
kananjalo nezixeko ezinqatyisiweyo kwelakwaJuda. Kambe ke wona umbuso
wawunika uYehoram, kuba kaloku wayengunyana wamazibulo.

4Akuba ezinzile embusweni kayise uYehoram wababulala bonke
abantakwabo ndawonye namatshawe athile akwaSirayeli.

5Ukuqala kwakhe ukulawula uYehoram wayeneminyaka emashumi mathathu
anambini, waza ke walawula eJerusalem iminyaka yasibhozo.

6Wahamba ekhondweni lookumkani bakwaSirayeli, wenza njengendlu ka-
Ahabhi. Kaloku wayethathe intombi yakhe. Wênza okubi emehlweni
kaNdikhoyo.

7Kambe ke, ngenxa yomnqophiso kaNdikhoyo nendlu kaDavide, uNdikhoyo
akavumanga ukuyitshabalalisa indlu kaDavide. Kaloku wayemthembise
ngelithi womnika isibane ngoonyana bakhe yonke imihla.

8Ke ngexesha likaYehoram iEdom yamvukela uJuda, yazimisela owayo
ukumkani.

9Ngoko ke uYehoram waya khona namaphakathi akhe, nazo zonke iinqwelo
zakhe. Ke amaEdom amrhawula kunye nezo njengele zeenqwelo, kambe ke
yena wavuka ngobusuku waphuncuka.

10Unanamhlanje ke iEdom isavukelene noJuda. Kwangelo xesha neLibhena
yenza uvukelo, kuba kaloku uYehoram wayemlahlile uNdikhoyo uThixo
wooyise,

© 1996 Bible Society of South Africa.

11kananjalo wakha iindawo eziphakamileyo zonqulo kwiinduli zakwaJuda,
abantu baseJerusalem wabafaka kumkhwa wobuhenyu. Ewe, wamlahlekisa
uJuda.

12UYehoram wafumana ileta evela kumshumayeli uEliya isithi: “UNdikhoyo
uThixo kayihlo uDavide uthi: ‘Wena akuhambanga ngeendlela zikayihlo
uYoshafati okanye uAsa ukumkani wakwaJuda,

13koko usuke wahamba ngeendlela zookumkani bakwaSirayeli. UJuda
nabantu baseJerusalem ubakhokelele kumkhwa wobuhenyu, njengoko
yenzayo indlu ka-Ahabhi. Kananjalo ubabulele abantakwenu, usapho lwendlu
kayihlo, amadoda ebengcono kunawe.

14Ngoku ke uNdikhoyo uza kubetha kubantu bakho, oonyana bakho, abafazi
bakho, nayo yonke into eyeyakho; ewe, uya kutsho ngesithonga esinzima.

15Wena kanye uza kuhliwa luzenge-zenge lwesifo sezibilini; ewe, eso sifo siya
kuzikhupha izibilini zakho.’ ”

16Ke uNdikhoyo uYehoram wamxhokonxela amaFilistiya nama-Arabhu
awayehlala ngakumaKushe.

17Bamhlasela uJuda, batyhoboza, baza bazithatha zonke izinto
ezixabisekileyo ezafumaneka ebhotwe, ndawonye nabafazi bakakumkani
noonyana. Akusalanga namnye unyana ngaphandle kwephelo lakhe
uAhaziya.

18Kamva ke uNdikhoyo wabetha uYehoram ngesifo sezibilini
esinganyangekiyo.

19Ethubeni, ekupheleni konyaka wesibini, izibilini zakhe zaphuma ngenxa
yeso sifo, waza wafela entlungwini emangalisayo. Abantu bakhe ke abazange
bamzilele ngomlilo njengoko babenzile kooyise.

20Ekungeneni kwakhe embusweni uYehoram wayeneminyaka emashumi
mathathu anambini, waza ke walawula eJerusalem iminyaka esibhozo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Ekuswelekeni kwakhe akukho mntu waba buhlungu, waza ke wangcwatyelwa kwisixeko sikaDavide, kodwa ke kungekho kumangcwaba ookumkani.

2 Yeziganeko 22

UAhaziya ukumkani wakwaJuda

(2 Kum 8:25-29; 9:21-28)

1Abantu baseJerusalem bamisela uAhaziya unyana wamaphelo kaYehoram wangukumkani esikhundleni sakhe. Kaloku abahlaseli ababekunye nama-Arabhu bababulala bonke oonyana bakhe abadala. Ngoko ke waqalisa ukulawula uAhaziya unyana kaYehoram ukumkani wakwaJuda.

2UAhaziya waqalisa ukulawula xa eneminyaka emashumi mabini anambini, waza walawula eJerusalem unyaka wamnye. Unina yayinguAtaliya umzukulwana kaOmri.

3Naye ke wahamba ekhondweni lendlu ka-Ahabhi, ekubeni wayekhuthazwa ngunina ekwenzeni ububi.

4Wênza okubi emehlweni kaNdikhoyo kwanjengendlu ka-Ahabhi. Kaloku akuba engasekho uyise kweza abendlu ka-Ahabhi baba ngabacebisi bakhe, nto leyo yaluphuthisayo ulawulo lwakhe.

5Walandela icebo labo, waya emfazweni noYoram unyana ka-Ahazi ukumkani wakwaSirayeli xa wayesilwa noHazayeli ukumkani wama-Aram kwiRamoti yaseGiliyadi. Ama-Aram amngxwelerha uYoram,

6waza ke yena waya eYizereli khon' ukuze achache kuloo manxeba wayewafumene eRamoti kwelo dabi noHazayeli ukumkani wakwa-Aram. Ke uAhaziya unyana kaYehoram ukumkani wakwaJuda wehla waya eYizereli esiya kubona uYoram unyana ka-Ahabhi njengoko wayenzakele.

7Ukuwa kuka-Ahaziya ekutyeleleni kwakhe uYoram kwaphuma kuThixo. Akufika uAhaziya wahamba noYoram baya kubonana noYehu unyana kaNimshi owayethanjiswe nguNdikhoyo ukuze atshabalalise indlu ka-Ahabhi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Xa uYehu wayewisa isigwebo kwindlu ka-Ahabhi, wafumana namatshawe akwaJuda nezizalwana zoonyana baka-Ahaziya ezazisonga uAhaziya, nazo ke wazibulala.

9Waza ke wamzingela uAhaziya owafunyanwa ngamahlakani akhe ezimele eSamariya. Bamzisa kuYehu, wabulawa. Bamngcwaba ke, kuba babesithi: “Kaloku yena ungunyana kaYoshafati, umfo owayemfuna ngomxhelo wakhe wonke uNdikhoyo.” Ngoko ke endlwini ka-Ahaziya akusalanga mntu unako ukubuphatha ubukumkani.

UAtaliya noYowashe
(2 Kum 11:1-20)

10UAtaliya unina ka-Ahaziya, akubona ukuba unyana wakhe ufile, wasuka wayitshabalalisa yonke indlu yekomkhulu lakwaJuda.

11Ke yena uYoshebha, intombi kakumkani uYehoram, wesuka weba uYowashe unyana ka-Ahaziya, wemka naye apho phakathi kweenkosana ezaziza kubulawa, wamfihla neneni yakhe kwigumbi lokulala. Kaloku uYoshebha intombi kakumkani uYehoram owayengumfazi wombingeleli uJoyada wayengudade boAhaziya; yiyo ke loo nto wasuka wamfihla umntwana lowo ukuze angabulawa nguAtaliya.

12Wahlala ezinyelisiwe ke endlwini kaThixo iminyaka yamithandathu, xesha elo kwakusalawula uAtaliya apho kwaJuda.

2 Yeziganeko 23

1Ke kaloku ngonyaka wesixhenxe uJoyada wabona ukuba lifikile ixesha. Wenza umnqophiso neengqwayi-ngqwayi zamaqela alikhulu: uAzariya unyana kaYehoram, uIshamayeli unyana kaYohanan, uAzariya unyana kaObhedi, uMaseya unyana ka-Adaya, noElishafati unyana kaZikri.

2Balityhutyha elakwaJuda, baqokelela abaLevi neentloko zazo zonke izindlu zamaSirayeli kuzo zonke iidolophu. Bakufika ke eJerusalem

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

3lonke elo bandla lenza umnqophiso nokumkani endlwini kaThixo. Wathi
kubo uJoyada: “Unyana kakumkani uza kulawula ngokomlomo kaNdikhoyo
mayela nesizukulwana sikaDavide.

4Ngoko yenzani le nto: isinye esithathwini sababingeleli nabaLevi abaza kuba
semsebenzini ngoMhla woPhumlo masilinde iminyango;

5esinye isinye esithathwini apha kuni masibe sebhotwe; size ke esinye sibe
seSangweni lesiSeko; aze ke onke amanye amadoda abe sezinkundleni zendlu
kaNdikhoyo.

6Makungabikho mntu ungenayo endlwini kaNdikhoyo ngaphandle
kwababingeleli nabaLevi abasebenzayo. Bona bangangena, kuba
bahlambulukile, kambe ke bonke abanye mabalinde ngokwezinto abamiselwe
zona nguNdikhoyo.

7AbaLevi bona mabaphahle ukumkani, indoda nganye iphethe isixhobo sayo
ngesandla. Nabani na ongenayo endlwini kaThixo makabulawe. Hlalani
nikufuphi nokumkani naphi na apho aya khona.”

8AbaLevi ke ndawonye nawo onke amadoda akwaJuda benza njengoko
babeyalelwe ngumbingeleli uJoyada. Ngamnye kubo wemka neqela lakhe,
abo babesebenza ngoMhla woPhumlo nabo babephumile emsebenzini –
kaloku umbingeleli uJoyada zange akhulule nalinye iqela.

9Ke iingqwayi-ngqwayi zamaqela wazinika imikhonto namakhaka amakhulu
namancinci, lawo awayengawokumkani uDavide, egcinwe endlwini kaThixo.

10Onke amadoda wawamisa aphahla ukumkani exhobile, bemi ngaseqongeni
lendlu kaThixo, ukusukela kwicala elingasezantsi ukuya kwelingasentla apho
endlwini kaThixo.

11Ke uJoyada noonyana bakhe baphuma naye unyana kakumkani, baza
bamthwesa isithsaba, bamnika umnqophiso obhaliweyo, bebhengeza ukuba
ungukumkani. Bamthambisa, bakhwaza bathi: “Phil' ud' ukhokhobe,
kumkani!”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Akuva loo ntswahla yayisenziwa ngabantu bebaleka bevuyisana nokumkani, uAtaliya waya kubo endlwini kaNdikhoyo.

13Akukhangela wabona, tyhini, nanko ukumkani emi ngakwintsika yakhe esesangweni. Amaphakathi nabakhalisi-maxilongo babephahle ukumkani, baye bonke abemi belizwe benemihlali bekhalisa amaxilongo, nezinye iimvumi ezinezikhalisi zikhokela ngemibongo. Ke uAtaliya wasuka wazikrazula iingubo zakhe, wadanduluka wathi: “Uvukelo! Uvukelo!”

14Umbingeleli uJoyada wathuma iingqwayi-ngqwayi zamabutho ezo zazongamele amabutho omkhosi, wathi kuzo: “Mthatheni nimkhuphe phakathi kwamabutho; nabani na omlandelayo nimbulale ngekrele.” Kaloku umbingeleli wayesithi: “Sanukumbulalela endlwini kaNdikhoyo.”

15Ngoko ke bambamba xa efika kwiSango lamaHashe eyadini yakomkhulu, bambulalela apho.

16Ke uJoyada wenza umnqophiso wokuba yena nabantu kunye nokumkani baya kuba ngabantu bakaNdikhoyo.

17Bonke ke abantu baya endlwini yokunqula uBhali, bafika bayidiliza. Bawantlekeza amaqonga ndawonye nemifanekiso, baza bambulala umbingeleli kaBhali uMatan apho phambi kwamaqonga.

18UJoyada wamisela ababingeleli ukuze bavelele indlu kaNdikhoyo, abo ke ngabo yayingabaLevi ababemiselwe ukusebenza endlwini kaThixo nguDavide, ukuze banikele amadini kaNdikhoyo atshiswayo njengoko kubhaliwe encwadini kaMosis. Loo nto babeyenza ngemivuyo bememelela ngokomlomo kaDavide.

19Wamisela nabagcini-masango emasangweni endlu kaNdikhoyo, ukuze kungangeni namnye kubantu abangahlambulukanga.

20Waqokelela iingqwayi-ngqwayi zamabutho alikhulu, izikhulu nabalawuli babantu, nabo bonke abemi belizwe, wamthatha nokumkani endlwini

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

kaThixo, baya kungena ngesango elingasentla apho ebhotwe, ukumkani bamhlalisa kwisihlalo sobukhosi,

21baza ke bonke abantu bavuya. Isixeko eso ke saba nokuzola, kuba uAtaliya ebulewe ngekrele.

2 Yeziganeko 24

UYowashe uhlaziya indlu kaThixo

(2 Kum 12:1-16)

1Ukungena kwakhe ebukhosini uYowashe wayeneminyaka esixhenxe, waza ke walawula eJerusalem iminyaka engamashumi amane. Unina yayinguZibheya intombi yaseBheshebha.

2Ngalo lonke ixesha lombingeleli uJoyada uYowashe wenza okuhle emehlweni kaNdikhoyo.

3UJoyada wamfunela abafazi ababini, waza ke wanoonyana neentombi.

4Emva koko ke uYowashe wazimisela ukuyihlaziya indlu kaNdikhoyo.

5Wabiza ababingeleli nabaLevi, wathi kubo: “Ngenani kwiidolophu zakwaJuda, niqokelele imali engumrhumo wonyaka kuwo onke amaSirayeli, ukuze kulungiswe indlu yoThixo wenu. Loo nto ke yenzeni ngoku.” Kodwa ke abaLevi abayenzanga kwangoko loo nto.

6Ngoko ke ukumkani wabiza umbingeleli omkhulu uJoyada, wathi kuye: “Ngani ukuba ungatsho abaLevi bezise imali engumrhumo owamiswa nguMosis isicaka sikaNdikhoyo waza wabethelelwa libandla likaSirayeli – mrhumo lowo abaLevi bebefanele ukuwuqokelela kumaJuda naseJerusalem – ingumrhumo wentente engqinela ubukho bukaNdikhoyo.”

7Ke amahlakani alaa mfazi ukhohlakeleyo uAtaliya aqhekeza indlu kaThixo, aza athatha izitya ezingcwele zendlu kaNdikhoyo, azisebenzisa kunqulo lukaBhali.

8Ngomyalelo kakumkani kwenziwa ityesana, yaza yabekwa ngaphandle kwesango lendlu kaNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

[9]Wonke uJuda neJerusalem wakhutshelwa isaziso sokuba makezise kuNdikhoyo loo mrhumo wamiswa nguMosis isicaka sikaThixo, ewumisela uSirayeli entlango.

[10]Onke amaphakathi kwakunye nabantu bonke, bakuthakazelela ukuzisa loo mrhumo, baza ke bamana bewufaka apho kuloo tyesana yada yazala.

[11]Loo tyesana yayisithi yakuziswa ngabaLevi kumaphakathi kakumkani aze abone ukuba sekukho isixa semali, unobhala wasebhotwe negosa lombingeleli omkhulu babeyithatha bayikhuphe loo mali, baze bayiphindisele kwasendaweni yayo ityesana leyo. Le nto ke babeyenza njalo-njalo, baza ke ngaloo ndlela baqokelela imali eninzi.

[12]Ukumkani noJoyada bayinikezela kuloo madoda ayesenza umsebenzi wendlu kaNdikhoyo. Baqesha iingcibi nabachweli ukuze zihlaziye indlu kaNdikhoyo, kananjalo bafuna nabasebenzi bentsimbi nobhedu ukuze balungise indlu kaNdikhoyo.

[13]Loo madoda ayongamele umsebenzi lowo ayekhuthele, waza ke umsebenzi wokuhlaziya waqhubela phambili phantsi kwawo. Indlu kaThixo baphinda bayakha, bayibuyisela kwimo yayo yantlandlolo bayixhasa.

[14]Bakuyiphetha ke, imali eseleyo bayisa kukumkani noJoyada; kwaza ke ngayo kwenziwa izinto zokusetyenziswa endlwini kaNdikhoyo: izixhobo zokusebenza, ezamadini atshiswayo, imicephe, nezinye izinto zegolide nezesiliva. Ngethuba lobomi bukaJoyada amadini atshiswayo ayenikezelwa engaphezi endlwini kaNdikhoyo.

[15]Ke uJoyada wayeseleneminyaka, ekhulile emdala, enekhulu elinamashumi amathathu eminyaka ukufa kwakhe.

[16]Wangcwatywa phakathi kookumkani kwisixeko sikaDavide, kuba kaloku wayenze okulungileyo kuThixo nendlu yakhe kwaSirayeli.

Inkohlakalo kaYowashe

© 1996 Bible Society of South Africa.

17Emva kokusweleka kukaJoyada amaphakathi akwaJuda eza kubusa
kukumkani, waza ke wawaphulaphula.

18Bayilahla indlu kaNdikhoyo uThixo wooyise, banqula iintsika zika-Ashera
nemifanekiso. Ngenxa yobutyala bawo ke ingqumbo kaThixo yaba phezu
koJuda neJerusalem.

19UNdikhoyo wathumela abashumayeli apho ebantwini ukuze
babashumayeze baguqukele kuye, kodwa abazange baguquke naxa
bebakhalimela.

20Ke uMoya kaThixo wamfikela uZakariya unyana wombingeleli uJoyada.
Wema phambi kwabantu, wathi: “UThixo uthi: ‘Kungani na ukuba
ningayithobeli imiyalelo kaNdikhoyo? Soze nibe nto! Ngenxa yokuba
nimlahlile uNdikhoyo, naye ke unilahlile.’ ”

21Kambe ke basuka bamenzela iyelenqe, baza ngokomyalelo kakumkani
bamgibisela ngamatye wafela enkundleni yendlu kaNdikhoyo.

22Ukumkani uYowashe wabulibala ubuntu awayebenzelwe nguyise
kaZakariya, wasuka wambulala unyana wakhe. Ke xa afayo uZakariya wathi:
“Ngamana uNdikhoyo wakugqala ngesi senzo, akubuyekeze.”

23Ngentlakohlaza yaloo nyaka umkhosi wama-Aram wahlasela uYowashe,
wamngenela uJuda neJerusalem, wazibulala zonke iinkokheli zabantu.
Amaxhoba onke bawathumela kukumkani wabo eDamasko.

24Nangona loo mkhosi wama-Aram wawungemkhulu ngamanani kodwa
uNdikhoyo wanikezela esandleni sawo umkhosi omkhulu kunawo. UJuda
wamlahla uNdikhoyo uThixo wooyise, yaza ke ingqumbo yawa phezu
koYowashe.

25Ukurhoxa kwawo ama-Aram lawo amshiya emngxwelerhile uYowashe.
Amaphakathi akhe amenzela iyelenqe, aza ambulala ngenxa yokuba wabulala
unyana wombingeleli uJoyada; ewe, bambulalela emandlalweni wakhe. Wafa

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ke, waza wangcwatyelwa kwisixeko sikaDavide, phofu akafihlwa phakathi kookumkani.

[26]Abamenzela iyelenqe nguZabhadi ozalwa nguShimeyati umAmonikazi, noYozabhadi ozalwa nguShimriti umMowabhikazi.

[27]Ke ingcombolo yoonyana bakhe kwaneentshumayelo ezingaye, nenkcazo mayela nokuhlaziywa kwendlu kaThixo, nâzo encwadini yamanqaku eembali zookumkani. Esikhundleni sakhe kwangena unyana wakhe uAmaziya.

2 Yeziganeko 25

UAmaziya ukumkani kaJuda

(2 Kum 14:2-6)

[1]UAmaziya waba ngukumkani eneminyaka emashumi mabini anantlanu, waza ke walawula eJerusalem iminyaka emashumi mabini anethoba. Unina yayinguYowadan intombi yaseJerusalem.

[2]Yena wenza okulungileyo emehlweni kaNdikhoyo, noxa wayengaphelelisanga.

[3]Akuziqonda ukuba uzinzile embusweni wawabulala amaphakathi awayebulele uyise.

[4]Kambe ke zange ababulale oonyana bawo, koko wenza njengoko kubhaliweyo emthethweni kwincwadi kaMosis, apho uNdikhoyo ayalela ngokuthi: “Ooyise abayi kubulawa ngenxa yabantwana, kanti nabantwana abayi kubulawa ngenxa yooyise, koko ulowo nalowo uya kufela izono zakhe.”

Imfazwe namaEdom

(2 Kum 14:7)

[5]UAmaziya wawaqokelela onke amaJuda, waza wawaba ngokwemizi, ewenza amabutho aliwaka nalikhulu – nditsho uJuda noBhenjamin. Wabagaya abaminyaka imashumi mabini nangaphezulu, waza wazuza amakhulu amathathu amawaka amadoda asemgangathweni wokungenela umkhosi, lawo anako ukusebenzisa umkhonto nekhaka.

© 1996 Bible Society of South Africa.

6Kananjalo waqesha amajoni akwaSirayeli alikhulu lamawaka, ngesiliva
ebunzima buziikhilogram ezingamawaka amathathu anamakhulu amane.

7Kodwa ke kwafika indoda yakwaThixo kuye, yathi: “Hayi, kumkani, la
mabutho akwaSirayeli sukuwadibanisa namabutho akho, kuba kaloku
uNdikhoyo umchasile uSirayeli naye nabani na ongowakwaEfrayim.

8Noba ungade ukhaliphe kangakanani na emfazweni, uThixo uya kukuyekela
ngolo tshaba; kaloku uThixo nguye onegunya lokunceda nelokuyekela.”

9UAmaziya ke wathi kuloo mfo wakwaThixo: “Kothekani kodwa ngaloo
mawaka amakhulu mathathu anamakhulu amane esiliva endiyihlawule
ngaloo majoni akwaSirayeli?” Umfo wakwaThixo ke waphendula wathi:
“UNdikhoyo unako ukukunika nangaphezulu.”

10Ngoko ke uAmaziya wawarhoxisa loo mabutho wayewathathe kwaEfrayim,
waza wawagodusa. Kambe ke agoduka evutha ngumsindo enganelisekanga
seso senzo sikaJuda.

11Ke uAmaziya wabuya womelezeka wawukhokelela kwiNtili yeTyuwa
umkhosi wakhe, apho ke wageqa amadoda aseSeyire alishumi lamawaka.

12Kananjalo umkhosi kaJuda wathimba amadoda alishumi lamawaka,
wawathatha loo mabanjwa wawasa kwincopho yeliwa, waza wawajulela
ezantsi antlekeka afa onke.

13Ke wona laa mabutho wawagodusayo uAmaziya, asuka ahamba enqoloba
iidolophu zakwaJuda ukususela eSamariya kuye eBhete-horon. Abulala
abantu abangamawaka amathathu, aza athimba intaphane yamaxhoba.

14UAmaziya ukubuya kwakhe evela kubulala amaEdom wabuya nazo izithixo
zabantu abo baseSeyire. Wazimisela ezo zithixo zaba zezakhe, waqubuda
kuzo, wazenzela namadini atshiswayo.

15Ke ingqumbo kaNdikhoyo yavutha ngakuAmaziya. Waza ke wamthumelela
umshumayeli owathi kuye: “Ngani ukuba uthembele kwaba thixo bolu
hlanga, bengabanga nako nje ukubahlangula abantu babo esandleni sakho?”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Esathetha njalo, ukumkani wathi kuye: “Umiswe ngubani ukuba ucebise
ukumkani wena? Suk' apha, thula! Kungenjalo ke ndakukubulala!”
Umshumayeli ke wayekelela, kodwa waleka ngelithi: “Kambe ke ndiyazi
ukuba uNdikhoyo uzimisele ukukutshabalalisa ngenxa yokuba uyenzile le
nto, akwaliphulaphula necebiso lam.”

Imfazwe namaSirayeli
(2 Kum 14:8-20)

17Ke uAmaziya ukumkani wakwaJuda uthe akuba ethetha-thethene
nabacebisi bakhe wasuka wathumela ecel' umngeni kuYehowashe unyana
kaYowahazi, kaYehu ukumkani wakwaSirayeli, esithi: “Yiza sihlangane!”

18Kambe ke uYehowashe ukumkani wakwaSirayeli waphendula uAmaziya
ukumkani wakwaJuda wathi: “Umthana wameva waseLebhanon wathumela
udaba kumsedare waseLebhanon usithi: ‘Yendisela intombi yakho kunyana
wam!’ Kusenjalo kwavela irhamncwa apho eLebhanon, laza lawunyhasha
ngeenyawo loo mthana wameva.

19Ngenxa yokuba usithi uwoyisile amaEdom, ngoku ukhukhumele unekratshi.
Kambe ke mna ndithi: ‘Hlal' ekhaya! Ngani ukuba uziqhwayele inkathazo eya
kukukhahlela phantsi wena ndawonye noJuda?’ ”

20Kambe ke uAmaziya zange aphulaphule, kuba kaloku uThixo
wayeselezimisele ukumnikezela kuYehowashe, kuba esuke wathembela
kwizithixo zamaEdom.

21Ngoko ke uYehowashe ukumkani wakwaSirayeli wamhlasela. Yena
noAmaziya ukumkani wakwaJuda baqubisana eBhete-shemeshe
kwelakwaJuda.

22UJuda ke wavuthululwa nguSirayeli, yaza ke yayileyo indoda yabalekela
kowayo.

23UYehowashe ukumkani wakwaSirayeli wambamba uAmaziya ukumkani
wakwaJuda unyana kaYowashe, ka-Ahaziya, eBhete-shemeshe. Ke
uYehowashe wamsa eJerusalem, wafika waludiliza udonga lweJerusalem,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ukusukela kwiSango lakwaEfrayim ukuya kwiSango leKona, umgama okwisithuba seemitha ezimakhulu mabini.

24Wayithimba yonke igolide nesiliva, nayo yonke impahla awayifumana endlwini kaThixo, zinto ezo zazigcinwe nguObhedi-edom, ndawonye nobutyebi basebhotwe namabanjwa lawo, waza ke wabuyela eSamariya.

25Ke uAmaziya unyana kaYowashe ukumkani wakwaJuda wahlala iminyaka elishumi elinesihlanu emva kokufa kukaYehowashe unyana kaYowahazi ukumkani wakwaSirayeli.

26Ke ezinye zeziganeko zolawulo luka-Amaziya, ukusukela ekuqalekeni kuye esiphelweni, nâzo encwadini yookumkani bakwaJuda nabakwaSirayeli.

27UAmaziya ke wathi akugwilika ekulandeleni uNdikhoyo asuka amenzela iyelenqe amawabo eJerusalem, waza ke wabalekela eLakishe. Phofu ke nalapho amthumelela amadoda, aza ambulalela khona.

28Ke kaloku wathwalwa ngamahashe wabuyiswa, waza wangcwatywa phakathi kooyise kwisixeko sikaJuda.

2 Yeziganeko 26

U-Uziya ukumkani wakwaJuda

(2 Kum 14:21-22; 15:1-7)

1Ke onke amaJuda athatha u-Uziya ambeka wangukumkani esikhundleni sikayise uAmaziya. U-Uziya lo ke wayeneminyaka elishumi elinesithandathu ezelwe.

2Nguye owayakhayo ngokutsha iElati, waza wayibuyisela kuJuda emva kokusweleka kuka-Amaziya.

3U-Uziya wangena ebukhosini eneshumi elinesithandathu leminyaka, waza ke walawula eJerusalem iminyaka engamashumi amahlanu anambini. Unina yayinguYekoliya intombi yaseJerusalem.

4U-Uziya wenza okuhle emehlweni kaNdikhoyo, njengoko wenzayo noyise uAmaziya.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

5Wayemfuna ngenzondelelo uThixo ngemihla kaZakariya owayemluleka
ngokuhlonela uThixo. Ngalo lonke ithuba emlandela uNdikhoyo, uThixo
wamthi jize ngempumelelo.

6U-Uziya walwa namaFilistiya, waza wazidiliza iindonga zaseGati
nezaseYabhene nezaseAshdode. Kamva ke wakha iidolophu ngaseAshdode
nakwezinye iindawo apho kwelamaFilistiya.

7UThixo wamnceda ngakumaFilistiya nama-Arabhu awayehlala eGur-bhali,
ndawonye namaMewun.

8Ama-Amon ayekhuphela u-Uziya imirhumo; ewe, udumo lwakhe lwanabela
nakwimida yeJiputa. Kaloku wayenamandla.

9U-Uziya wakha iinqaba eJerusalem kwiSango leKona, nakwiSango leNtili,
nasedolweni lodonga, waza ke waziqinisa.

10Nasentlango wakha iinqaba, wemba namaqula amaninzi njengoko
wayenemfuyo eninzi emazantsi eentaba nasemathafeni. Wayenabasebenzi
bamasimi nabezidiliya ezintabeni nakwimihlaba echumayo – kaloku
wayewuthanda umhlaba.

11U-Uziya wayenomkhosi oqeqeshiweyo, ohleli uchophele ukuphuma
ngamabutho ngokwezigaba zawo. Wawusesandleni sikaYehiyeli unobhala
kunye noMaseya igosa ababephantsi koHananiya elinye lamaphakathi
asebhotwe.

12Inani leenkokheli zamabutho amiselwe ngokweziduko lalingamawaka
amabini namakhulu amathandathu.

13Zaziphethe umkhosi omadoda angamakhulu amathathu anesixhenxe
amawaka namakhulu amahlanu, izinto eziyiqeqeshelweyo imfazwe – mkhosi
lowo owawungamandla okuxhasa ukumkani ezintshabeni zakhe.

14Lo mkhosi wonke ke wawuxhaswa ngu-Uziya ngamakhaka, imikhonto,
iminqwazi, izikhuselo zentsimbi, izaphetha, neenkwitshi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15EJerusalem wenza oomatshini abaqingqwa ngamachule ukuze basetyenziswe ezinqabeni nakwizikhuselo ezisezikoneni zeendonga ukuze ke kudutyulwe ngeentolo, kugityiselwe ngamatye amakhulu. Udumo lwakhe lwanabela kulo lonke. Kaloku wancedwa waxhaswa kakhulu, wada ke wayingangamsha.

16Kambe akuba ekhulile wanobungangamsha, u-Uziya wangenelwa likratshi elamrhuqela ekuweni. Wasuka akathembeka kuNdikhoyo uThixo wakhe, wada wangena endlwini kaNdikhoyo wenza isiqhumiso eqongeni leziqhumiso.

17Ke umbingeleli uAzariya enamashumi asibhozo ababingeleli bakaNdikhoyo abangamatsha-ntliziyo bamlandela bangena naye.

18Bamxelelisa ukumkani u-Uziya bathi: “Asikokwakho, Uziya, ukuba wena wenzele uNdikhoyo isiqhumiso. Lowo ngumsebenzi wababingeleli, isizukulwana sika-Aron, abantu abakhutshelwa bucala ukuze batshise isiqhumiso. Ngoko ke phuma apha kwindawo engcwele, kuba le nto uyenzileyo kukunganyaniseki, yaye ke uNdikhoyo uThixo akasayi kukuxabisa.”

19U-Uziya wayephethe umcephe ngesandla, selelungele ukwenza isiqhumiso. Ke kaloku wasuka wacaphuka. Uthe ke esavutha njalo umsindo kubo ababingeleli abo apho phambi kweqonga endlwini kaNdikhoyo, suka iqhenqa lee tyaba ebunzini lakhe.

20Umbingeleli omkhulu uAzariya nabanye ababingeleli abo bathe bakumkhangela babona ukuba uneqhenqa ebunzi; ngoko ke bakhawuleza bamkhuphela ngaphandle. Ewe, naye ngokwakhe wayeselekungxamele ukuphuma, kuba kaloku uNdikhoyo wayemvelele ngesohlwayo.

21Ke kaloku ukumkani u-Uziya wathiwa nca lelo qhenqa, wada wasweleka. Wayehlala endlwini yakhe yedwa ngenxa yelo qhenqa, engenakungena nasendlwini kaNdikhoyo. Unyana wakhe uYotam waba libamba apho ebhotwe, yanguye obalawulayo abantu belizwe elo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

22Ke ezinye zeziganeko zolawulo lukaUziya, ukusukela ekuqaleni kude kuye esiphelweni, nâzo kwingcombolo yomshumayeli uIsaya unyana ka-Amozi.

23U-Uziya ke waya kuphumla kooyise, waza wangcwatyelwa kufuphi nabo kumhlaba wokungcwaba owawungowookumkani, kuba abantu besithi: “Kaloku ebeneqhenqa.” Unyana wakhe uYotam wangena esikhundleni sakhe.

2 Yeziganeko 27

UYotam ukumkani wakwaJuda

(2 Kum 15:32-38)

1UYotam waqala ukulawula eneminyaka engamashumi amabini anantlanu, waza ke wangukumkani eJerusalem iminyaka elishumi elinesithandathu. Unina yayinguJerusha intombi kaZadoki.

2Naye njengoyise u-Uziya wenza okuhle emehlweni kaNdikhoyo, kambe akaxelisanga uyise ngokungena endlwini kaNdikhoyo. Kambe ke bona abantu abaziyekanga iindlela zabo zokonakala.

3UYotam wabuya walakha iSango laseNtla lendlu kaNdikhoyo, kananjalo wenza umsebenzi omkhulu eludongeni kwinduli yeOfeli.

4Wakha iidolophu kwiinduli zelakwaJuda, ngokunjalo neenqaba neemboniselo kwimimandla yamahlathi.

5UYotam walwa nabo ookumkani bama-Amon waboyisa. Ngaloo nyaka ke ama-Amon arhuma kuye isiliva ebunzima buziikhilogram ezingamawaka amathathu namakhulu amane, newaka leetoni zengqolowa, kwakunye newaka leetoni zerhasi. Enjenjalo ukurhuma ke ama-Amon iminyaka yada yamithathu.

6UYotam wakhula ngobungangamsha, kuba kaloku wayebambelele ngokupheleleyo kuNdikhoyo uThixo wakhe.

7Ke ezinye zeziganeko zolawulo lukaYotam, kwakunye neemfazwe awazilwayo, nemisebenzi yakhe, nâzo encwadini yookumkani bakwaSirayeli nabakwaJuda.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Waqala ukulawula enamashumi amabini anantlanu, waza ke walawula
ishumi elinesithandathu leminyaka.

9UYotam ke waya kuphumla kooyise, waza ke wangcwatyelwa kwisixeko
sikaDavide. Ke uAhazi unyana wakhe wangena esikhundleni sakhe.

2 Yeziganeko 28

UAhazi ukumkani wakwaJuda

(2 Kum 16:1-8,19-20)

1UAhazi wayeneminyaka emashumi mabini ukungena kwakhe embusweni,
waza ke walawula iminyaka elishumi elinesithandathu eJerusalem. Yena
akalithathanga ikhondo likayise-mkhulu uDavide; ewe, akazange enze okuhle
emehlweni kaNdikhoyo uThixo wakhe.

2Wahamba ekhondweni lookumkani bakwaSirayeli, wada wenza imifanekiso
eqingqiweyo, esenzela inkonzo kaBhali.

3Wayetshisa amadini kwintili kaBhen-hinom, wada wenza isikizi lokufaka
unyana wakhe emlilweni, esenza idini ngaye, siko elo lalisenziwa ziintlanga
awazigxothayo uNdikhoyo ekungeneni kwamaSirayeli.

4Wayesenza amadini neziqhumiso ezindaweni zonke zonqulo ezindulini
naphantsi kwemithi yonke efukufuku.

5Ngoko ke uNdikhoyo uThixo wakhe wamnikela kukumkani wama-
Aram. Ama-Aram amoyisa, athimba abantu abaninzi, aya nabo eDamasko.
Kananjalo wanikelwa nasesandleni sokumkani wakwaSirayeli owamshiya
neengxwelerha ezininzi.

6Ngamini-nye uPeka unyana kaRemaliya wabulala ikhulu elinamashumi
amabini lamawaka kumajoni akwaJuda; kaloku uJuda lo wayemlahlile
uNdikhoyo uThixo wooyise.

7UZikri ijoni lomEfrayim labulala uMaseya unyana kakumkani, noAzerikam
iphakathi eliphambili ebhotwe, noElikana isekela likakumkani.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8AmaSirayeli emka namabanjwa angamawawo, amakhulu amabini amawaka,
bengabafazi, amantombazana, namakhwenkwe. Kanti ke bemka nento eninzi
yamaxhoba, baya nayo eSamariya.

9Kodwa ke khona apho kwakukho umshumayeli kaNdikhoyo ogama
linguOdede. Yena wabahlangabeza xa umkhosi ubuyela eSamariya. Wathi
kubo: “Niyabona, uNdikhoyo uThixo wooyihlo umnikele esandleni senu
uJuda ngenxa yengqumbo yakhe kuye. Kambe ke nina nibabulele
ngengqumbo efikelele nasezulwini.

10Phezu koko ke ngoku, la madoda nabafazi bakwaJuda naseJerusalem
nizimisele ukubenza amakhoboka. Ukanti nani ngokwenu ninobutyala
phambi koNdikhoyo uThixo wenu.

11Ngoko ke ndiphulaphuleni! Amawenu la niwathimbileyo wagoduseni,
kungenjalo ingqumbo kaNdikhoyo iphezu kwenu.”

12Ke kaloku ezinye zeenkokheli zakwaEfrayim uAzariya unyana kaYohanan,
uBherakiya unyana kaMeshilemoti, uHezekiya unyana kaShalum, noAmasa
unyana kaHadelayi, zathetha nabo babevela edabini,

13zathi: “Musani ukuza nabo apha abo bathinjwa, kuba siya kuba netyala
phambi koNdikhoyo. Ngaba nifuna ukusongeza na isono netyala lethu?
Kaloku ityala lethu selilikhulu kakade, nengqumbo kaNdikhoyo iphezu
koSirayeli.”

14Ngoko ke amajoni lawo abakhulula abathinjwa abo, awancama namaxhoba
lawo apho phambi kwamaphakathi kunye nebandla liphela.

15Ke la madoda selekhankanyiwe awathatha amabanjwa lawo, aza
emaxhobeni apho athatha iimpahla abanxiba abo babehamba ze. Bawanika
iimphala zokunxiba, iimbadada, ukutya nento eselwayo, ngokunjalo
namayeza okuthambisa. Abo babebuthathaka babakhwelisa koondlebe-nde.
Ewe, babathatha babagodusa babasa kumawabo eJeriko, isixeko samasundu,
baza ke bona babuyela eSamariya.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Ngelo thuba ke ukumkani uAhazi wathumela kookumkani baseAsiriya ecela uncedo.

17Kaloku namaEdom ayephindile amhlasela uJuda, aza emka nabathinjwa.

18Kanti ke namaFilistiya azihlasela iidolophu ezisemazantsi eentaba kumathafa elakwaJuda nakwelasentlango. Bayithimba iBhete-shemeshe, iAyalon, iGederoti, iSoko, iTimna, neGimzo, namaphandle aziphahlileyo.

19UNdikhoyo wamthobela eluthulini uJuda ngenxa yesimo sika-Ahazi ukumkani wakhe. Kaloku yena wakhuthaza inkohlakalo kwaJuda, akanyaniseka kuNdikhoyo.

20Ke kaloku ukumkani waseAsiriya uTigilati-pilezere weza kuye, kodwa ke endaweni yokumnceda wamzisela inkathazo.

21UAhazi ke wathatha ezinye kwizinto zendlu kaNdikhoyo, nasebhotwe, nakumatshawe, warhuma ngazo apho kukumkani waseAsiriya. Kambe ke naleyo zange imncede nto.

22Ngelo thuba lakhe leenkathazo ke ukumkani uAhazi wathath' unyawo ukunganyaniseki oku kuNdikhoyo.

23Wenzela izithixo zaseDamasko amadini, sizwe eso ke sasimoyisile emfazweni. Kaloku wayesithi: “Njengoko izithixo zookumkani bakwa-Aram zibancedile nje, nam ke ndiza kuzenzela amadini ukuze zindincede.” Kambe ke eso senzo sesona samkhahlela phantsi, kwaba seso nakuSirayeli jikelele.

24UAhazi waziqokelela wazonakalisa izinto ezazisetyenziswa endlwini kaThixo. Wazivala iingcango zendlu kaNdikhoyo, waza wamisa amaqonga amadini kuzo zonke iikona zezitalato eJerusalem.

25Kuzo zonke iidolophu zelakwaJuda wakha iindawo eziphakamileyo zonqulo ukuze kwenzelwe izithixo amadini, nto leyo ke yawuxhokonxayo umsindo kaNdikhoyo uThixo wooyise.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[26]Ke ezinye zeziganeko zolawulo luka-Ahazi nazo zonke iindlela zakhe, ukusukela ekuqalekeni kuye esiphelweni, nâzo encwadini yookumkani bakwaJuda nabakwaSirayeli.

[27]UAhazi ke waya kuphumla kooyise,waza wangcwatywa kwisixeko iJerusalem. Kambe ke yena akafihlwanga kumangcwaba ookumkani bakwaSirayeli. Ke esikhundleni sakhe kwangena unyana wakhe uHezekiya.

2 Yeziganeko 29

UHezekiya uhlambulula indlu kaThixo

[1]UHezekiya wayeneminyaka emashumi mabini anantlanu ukungena kwakhe ebukhosini, waza walawula eJerusalem iminyaka engamashumi amabini anethoba. Unina yayinguAbhiya intombi kaZakariya.

[2]Njengoyise-mkhulu uDavide naye wênza okuhle emehlweni kaNdikhoyo.

[3]Ngenyanga yokuqala yonyaka wakhe wokuqala ekulawuleni, wayivula indlu kaNdikhoyo, wawahlaziya amasango ayo.

[4]Ababingeleli nabaLevi wabaqokelela kwinkundla esempuma, wathetha nabo,

[5]wathi: “BaLevi, ndiphulaphuleni; zihlambululeni, ze niyihlambulule nayo indlu kaNdikhoyo uThixo wooyihlo. Yisuseni yonke into enomlaza endaweni engcwele.

[6]Oobawo zange banyaniseke; benze okubi emehlweni kaNdikhoyo uThixo wethu, bakreqa kuye. Ewe, basuka bamfulathela uNdikhoyo ndawonye nendawo ahlala kuyo.

[7]Bazivala iingcango zevaranda, bazicima nezibane. Bayeka ukwenza iziqhumiso, kananjalo nokumenzela amadini atshiswayo uThixo kaSirayeli kwindawo engcwele.

[8]Ngoko ke ingqumbo kaNdikhoyo iphezu koJuda neJerusalem. Ezi ndawo wazitsho zayinto eyoyikekayo, inyumnyezi nesigculelo, nto leyo ke esizibonelayo ngawethu amehlo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

9Ngenxa yale nto ke oobawo babulawa ngekrele, bona oonyana neentombi
nabafazi bethu basiwa ekuthinjweni.

10Ngoku ndizimisele ukwenza umnqophiso noNdikhoyo uThixo kaSirayeli,
khon' ukuze ithothe ingqumbo yakhe ngakuthi.

11Bonyana, ngoku musani ukuba ngabangakhathaliyo; kaloku uNdikhoyo
uninyulile ukuze nime phambi kwakhe, nimsebenzele, nimlungiselele, nenze
iziqhumiso."

12Aba baLevi ke bangena emsebenzini: kumaKohati: uMahati unyana ka-
Amasayi, noYoweli unyana ka-Azariya; kumaMerari: uKishe unyana ka-
Abhedi, noAzariya unyana kaJehaleli; kumaGershon: uJowa unyana kaZima,
noEden unyana kaJowa;

13kwinzala kaElizafan: uShimri noJewuyeli; kwinzala ka-Asafu: uZakariya
noMataniya;

14kwinzala kaHeman: uJewuyeli noShimeyi; kwinzala kaJedutun: uShemaya
noUziyeli.

15Bakuba bewaqokelele amawabo bazihlambulula, baya kuhlambulula nendlu
kaNdikhoyo ngokomyalelo kakumkani efezekisa ilizwi likaNdikhoyo.

16Ababingeleli bangena endaweni engcwele endlwini kaNdikhoyo
bayihlambulula. Yonke into eyafumaneka inomlaza bayikhuphela enkundleni
yendlu kaNdikhoyo. Zonke izinto ezinjalo zathathwa ngabaLevi, baya
kuzigalela kwintili yeKedron.

17Le ntlambululo bayiqala ngomhla wokuqala kwinyanga yokuqala, kwaza ke
kwathi kuba ngumhla wesibhozo wenyanga leyo babe sebefikelele
kwivaranda kaNdikhoyo. Yaba zezinye iintsuku ezisibhozo behlambulula
indlu kaNdikhoyo ngokwayo, baza ke bagqibezela ngomhla weshumi
elinesithandathu kwakuloo nyanga yokuqala.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

18Baza ke baya kukumkani uHezekiya, bathi: “Xa iyonke indlu kaNdikhoyo siyihlambulule: iqonga lamadini atshiswayo nazo zonke izinto ezisetyenziswa kulo, kunye netafile yesonka esisodwa nezinto zayo.

19Sizilungisile sazihlambulula zonke izinto ezakhutshwa ngukumkani uAhazi koko kunganyaniseki kwakhe ngethuba lakhe. Kungokunje nâzo phambi kweqonga likaNdikhoyo.”

Ukusetyenziswa kwendlu kaThixo kuyabuyiselwa

20Kwakusasa ngemini elandelayo ukumkani uHezekiya wawaqokelela amagosa esixeko, waza waya nawo endlwini kaNdikhoyo.

21Beza neenkunzi zeenkomo ezisixhenxe, nesixhenxe seenkunzi zeegusha, namaxhwane eegusha asixhenxe angamaduna, kunye naweebhokhwe ekwasixhenxe ekwangamaduna, zinto ezo benza ngazo idini lesono, besenzela umbuso wonke nendawo engcwele noJuda ngokwakhe. Ke ukumkani wayalela ababingeleli, inzala ka-Aron, ukuba ezo zinto bazenze idini eqongeni likaNdikhoyo.

22Ngoko ke bazixhela ezo nkunzi zeenkomo, baza ke ababingeleli balithatha igazi lazo, bafefa ngalo iqonga elo. Kananjalo ke bazixhela neenkunzi zeegusha, baza bafefa iqonga ngelo gazi lazo. Namaxhwane eegusha bawaxhela, ngegazi lawo bafefa kwaelo qonga.

23Iibhokhwe zedini lesono zona zasiwa kukumkani nebandla, baza ke babeka izandla zabo phezu kwazo.

24Ababingeleli ke bazixhela iibhokhwe ezo, igazi lazo balisa eqongeni laba lidini lesono lokungxengxezela uSirayeli ephela. Kaloku ukumkani wayenze umyalelo mayela nedini elitshiswayo kunye nelesono ngokunxulumene noSirayeli ephela.

25Ukumkani wamisa abaLevi endlwini kaNdikhoyo bephethe amacangci, iihapu, kunye nemirhubhe, ngalaa ndlela yayimiswe nguDavide, nemboni kakumkani uGadi, noNatan umshumayeli – ndlela leyo ke yayiyalelwe nguNdikhoyo ngabashumayeli bakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

[26]Bema ke abaLevi, bephethe ezo zikhalisi zikaDavide, ababingeleli bona bephethe amaxilongo.

[27]UHezekiya ke wayalela ukuba kwenziwe idini elitshiswayo apho eqongeni. Lathi ke lakuqaliswa idini elo, yaqalisa nengoma kudunyiswa uNdikhoyo, ikhatshwa ngamaxilongo nezikhalisi zikaDavide ukumkani wakwaSirayeli.

[28]Lonke ibandla lakhahlela linqula, zabe nazo iimvumi zisitsho, namaxilongo ngokunjalo. Zaqhuba njalo ke lada lafezeka elo dini litshiswayo.

[29]Lakugqitywa ke elo dini litshiswayo ukumkani naye wonke umntu owayelapho baguqa benqula.

[30]Ukumkani uHezekiya enamaphakathi bayalela abaLevi ukuba badumise uNdikhoyo ngamazwi kaDavide kunye nawemboni uAsafu. Ngoko ke batsho ngentswahla bedumisa ngovuyo olukhulu, baza ke bakhahlela benqula.

[31]Wathi ke ukumkani uHezekiya: “Ngoku ke nizinikezele kuNdikhoyo. Ngoko ke zisani amadini neminikelo yokubulela endlwini kaNdikhoyo.” Ewe ke, ibandla lawazisa amadini kunye neminikelo yokubulela, baza ke bonke abaqhutywa ziintliziyo zabo benza amadini atshiswayo.

[32]Amadini awenziwa libandla elo yayingamashumi asixhenxe eenkunzi zeenkomo, ikhulu leenkunzi zeegusha, namakhulu amabini amaxhwane angamaduna; zizonke ezo zinto zenzelwa uNdikhoyo idini elitshiswayo.

[33]Imfuyo eyanikelwa ukwenza amadini yayisisithandathu samakhulu eenkunzi zeenkomo, namawaka amathathu eegusha neebhokhwe.

[34]Ababingeleli ke babembalwa ukuhlinza loo madini bebodwa, ngoko ke bancediswa zizizalwana zabo abaLevi, wada wafezeka umcimbi lowo, nangokongezeka kwababingeleli abahlanjululwayo. Kaloku abaLevi bona babekukhuthalele ukuzihlambulula kunababingeleli abo.

[35]Ayemaninzi amadini atshiswayo, ngokunjalo namanqatha edini lobudlelwana, nedini elithululwayo elalikhapha loo madini atshiswayo. Ngaloo ndlela ke kwabuyiselwa ukusetyenziswa kwendlu kaNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

36UHezekiya nabantu bephela yabonwabisa into awabenzela yona uThixo,
kuba yonke yenzeka ngokukhawuleza.

2 Yeziganeko 30

Kubhiyozelwa iPasika kwakhona

1UHezekiya wathumela ilizwi kuye wonke uSirayeli noJuda, wabhala neeleta,
wazithumela kwaEfrayim nakwaManase, ebamema ukuba baye endlwini
kaNdikhoyo eJerusalem, baye kubhiyozela iPasika kaNdikhoyo uThixo
kaSirayeli.

2Ukumkani namaphakathi nebandla lonke laseJerusalem benza isigqibo
sokubhiyozela iPasika kwinyanga yesibini.

3Babengabanga nako ukuyibhiyozela ngexesha layo, kuba babenganelanga
ababingeleli abazihlambululayo, nabantu babengaqokelelananga eJerusalem.

4Eli cebo ke labonakala lilungile kukumkani nakwibandla liphela.

5Bazimisela ukuthumela isaziso kuSirayeli ewonke ukusukela eBhashebha
kuye kwaDan, abantu bebamemela ukuba beze eJerusalem baze kubhiyozela
iPasika kaNdikhoyo uThixo kaSirayeli. Yayingazange yabhiyozelwa ngabantu
abalinani elivakalayo njengoko kubhaliweyo.

6Ukumkani ekunye namaphakathi akhe bathuma izigidimi zatyhutyha
uSirayeli noJuda ziphethe iileta ezazifundeka ngolu hlobo: “MaSirayeli,
buyelani kuNdikhoyo uThixo ka-Abraham, kaIsake, kaSirayeli, ukuze naye
abuyele kuni nina basaseleyo, basindileyo kwisandla sookumkani
baseAsiriya!

7Sanukufana nooyihlo nabantakwenu bona basuke abanyaniseka kuNdikhoyo
uThixo wooyise, khon' ukuze abenze umzekelo wesikizi njengoko nani
nibona.

8Yahlukanani neenkani; sanukuzifanisa nooyihlo, koko zinikezeleni
kuNdikhoyo. Yizani kule ndawo ingcwele, le iya kuhlala ibekelwe bucala

© 1996 Bible Society of South Africa.

ngonaphakade nguye. Mbuseni uNdikhoyo uThixo wenu, khon' ukuze umsindo wakhe usuke phezu kwenu.

9Ukuba nibuyele kuNdikhoyo, abantakwenu nabantwana benu baya kwenzelwa inceba ngabo babathimbileyo, baze ke babuyele kweli lizwe, kuba kaloku uNdikhoyo uThixo wenu unesisa novelwano. Akasayi kunifulathela ukuba nibuyela kuye.”

10Izigidimi zazingena zonke iidolophu kwaEfrayim nakwaManase, zathi xhaxhe ngoZebhulon, kodwa ke abantu basuka baphoxisa ngazo, bahlekisa nokuhlekisa ngazo.

11Kambe ke abanye kwa-Ashere, kwaManase, nakwaZebhulon, bazithoba baya eJerusalem.

12KwaJuda uThixo abantu wabenza bavana, bamxhelo-mnye ekufezekiseni umyalelo kakumkani namaphakathi akhe ngokwelizwi likaNdikhoyo.

13EJerusalem kwahlanganisana isihlwele sabantu, beze kubhiyozela iSidlo seSonka esingaNyuswanga, kwinyanga yesibini.

14EJerusalem bawasusa amaqonga amadini kunye nalawo eziqhumiso, baya kuwaphosa kwintili yeKedron.

15Ixhwane lePasika balixhela ngomhla weshumi elinesine kwinyanga yesibini. Ababingeleli nabaLevi baba neentloni, baza bazihlambulula, benza amadini atshiswayo endlwini kaNdikhoyo.

16Baza ke bema ngeendawo zabo ngokwemigqaliselo yomthetho kaMosis umfo wakwaThixo. Ababingeleli bafefa ngalo igazi ababelinikwe ngabaLevi.

17Apho kweso sihlwele kwathi kanti baninzi abantu ababengazihlambululanga, ngoko ke abaLevi kwafuneka babaxhelele amaxhwane bonke abo babenomlaza, bengenako ukuwanikela kuNdikhoyo ngokwabo amaxhwane abo.

18Nangona uninzi lwabantu ababephuma kwaEfrayim, kwaManase, kwaIsakare, nakwaZebhulon babengazihlambululanga, kodwa nabo bathatha

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

inxaxheba apho ePasikeni – nto leyo yayinxa mnye nomthetho. Kambe ke uHezekiya wabathandazela wathi: “Ngamana uNdikhoyo olungileyo wabaxolela bonke,

19mntu ngamnye ozimisele ukufuna uThixo uNdikhoyo, uThixo wooyise, noba akahlambulukanga ngokwemigqaliselo yendawo engcwele.”

20UNdikhoyo ke wawuva loo mthandazo kaHezekiya, wabaphilisa abantu.

21Loo maSirayeli ayekhona eJerusalem asibhiyozela iSidlo seSonka esingaNyuswanga iintsuku zada zasixhenxe, benemincili novuyo olukhulu; baye bona abaLevi nababingeleli bememelela bedumisa uNdikhoyo yonke imihla, bekhatshwa zizikhalisi zokudumisa uNdikhoyo.

22UHezekiya wabakhuthaza bonke abaLevi ababewenza ngenyameko umsebenzi kaNdikhoyo. Ngezo ntsuku zisixhenxe ke babesitya izabelo zabo, benikela amadini obudlelwana, bedumisa uNdikhoyo uThixo wooyise.

23Ibandla lonke lavumelana ukubhiyoza esinye isixhenxe seentsuku. Ngoko ke babhiyoza ngemincili ezinye iintsuku ezisixhenxe.

24Ukumkani wakwaJuda uHezekiya wakhuphela elo bandla iwaka leenkunzi zeenkomo, nesixhenxe samawaka eegusha neebhokhwe; kanti ke amaphakathi wona anikezela ngewaka leenkunzi zeenkomo, neshumi lamawaka eegusha neebhokhwe. Ababingeleli abaninzi nabo bazihlambulula.

25Laba nemihlali lonke ibandla lakwaJuda, ndawonye nababingeleli nabaLevi nabo bonke ababephuma kwaSirayeli, kwakunye neentlanga ezaziphuma kwaSirayeli nezazimi kwelakwaJuda.

26Yayilulonwabo nemincili eJerusalem. Kaloku ukusukela kwimihla kaSolomon unyana kaDavide, ukumkani wakwaSirayeli, lalingazange libe khona eli theko eJerusalem.

27Ababingeleli nabaLevi bema ngeenyawo babathamsanqelisa abantu, waza ke uThixo wabeva. Kaloku umthandazo wabo waya kufikelela ekhayeni lakhe elilodwa ezulwini.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2 Yeziganeko 31

1Yakuba yonke le nto ifezekile, amaSirayeli awayelapho aphuma, aya
kwiidolophu zakwaJuda, afika awaqhekeza amatye anqulwayo, azigawula
iintsika zika-Ashera. Iindawo eziphakamileyo zonqulo azitshabalalisa,
ngokunjalo namaqonga, kulo lonke elakwaJuda nakwaBhenjamin,
kwaEfrayim nakwaManase. Akuba ezitshabalisile zonke ezo zinto,
amaSirayeli onke agoduka aya ngeedolophu zawo emihlabeni yawo.

Imirhumo yonqulo

2UHezekiya wamisela ababingeleli nabaLevi ngamaqela abo, iqela ngalinye
ngokwemisebenzi yalo kubabingeleli nakubaLevi, ukuze banikele amadini
atshiswayo nawobudlelwana, nokuze balungiselele, benze imibulelo,
batsholoze ngeendumiso emasangweni endlu kaNdikhoyo.

3Ukumkani warhuma kwezakhe izinto, wanikela amadini atshiswayo akusasa
nawamatshona, kwakunye namadini atshiswayo eMihla yokuPhumla,
awokuthwasa kwenyanga, nawamatheko amisiweyo, njengoko kubhaliweyo
emthethweni kaNdikhoyo.

4Abantu abahlala eJerusalem wabayalela ukuba bakhuphe izabelo
zababingeleli nabaLevi, ukuze bona bakwazi ukuzinikezela ngokupheleleyo
emthethweni kaNdikhoyo.

5Akuwuva loo myalelo amaSirayeli enza izinwe, akhupha ulibo lwengqolowa
newayini entsha, amafutha omnquma, nobusi, nayo yonke into eyimveliso
yamasimi. Wamninzi umnikelo abawuzisayo, bethatha isishumi sento nganye.

6Abantu bakwaSirayeli nakwaJuda ababehlala kwiidolophu zakwaJuda bezisa
nezishumi zeenkomo nezeegusha ndawonye nesishumi sezinto ezingcwele
bazinikela kuNdikhoyo uThixo wabo; ewe, bazigalela zaziingqumba.

7Le nto ke bayiqala ngenyanga yesithathu, baza bayigqiba kwinyanga
yesixhenxe.

8UHezekiya enamaphakathi akhe wathi akuzibona ezo ngqumba wamdumisa
uNdikhoyo, wabathamsanqelisa abantu bakhe amaSirayeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[9]UHezekiya wathetha nababingeleli nabaLevi ngezo ngqumba,

[10]waza ke umbingeleli omkhulu, uAzariya wendlu kaZadoki wathi: “Oko abantu baqalayo ukuzisa imirhumo yabo endlwini kaNdikhoyo, sitsho sanokutya okwaneleyo kude kubekho nentsalela, kuba uNdikhoyo ubathamsanqele abantu bakhe – ewe, le ntaphane ingaka ngamasalela.”

[11]UHezekiya wayalela ukuba kulungiswe oovimba endlwini kaNdikhoyo; yenziwa ke loo nto.

[12]Beza nayo ngenyameko ke yonke imirhumo leyo – izishumi neminikelo. Owayevelele lo msebenzi yayinguKonaniya umLevi encediswa ngumntakwabo uShimeyi.

[13]Ukumkani uHezekiya noAzariya iphakathi elalongamele indlu kaThixo, bamisela la madoda ukuba asebenze phantsi koKonaniya nomntakwabo uShimeyi: uYehiyeli, uAzaziya, uNahati, uAsaheli, uJerimoti, uYozabhadi, uEliyeli, uIsemakiya, uMahati, noBhenaya.

[14]Ke kaloku uKore unyana kaImna umLevi owayengumlindi wesango elisempuma, wayongamele iminikelo yokuqhutywa yintliziyo enikelwa kuThixo, esaba imirhumo kaNdikhoyo kwakunye nezipho ezizodwa.

[15]Wayencediswa nguEden, uMiniyamin, uYeshuwa, uShemaya, uAmariya, noShekaniya, besebenza ngenyameko kwiidolophu zababingeleli, ababingeleli bebabela ngokwamaqela abo, abadala kwanabanci, bengenagobe.

[16]Ngaphezu koko babela bonke abangamadoda abaminyaka mithathu nangaphezulu abamagama afumanekayo kuludwe lweenkcukacha zomlibo – bonke ababenelungelo lokungena endlwini kaNdikhoyo basebenze imisebenzi yabo yemihla ngemihla kumaqela ahlukeneyo ngokwemisebenzi yawo.

[17]Bababela ababingeleli ababhaliswe kuludwe ngokwezindlu zabo, ngokunjalo nabaLevi abaminyaka imashumi mabini nangaphezulu, ngokwamaqela nemisebenzi yabo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

18Babandakanya nabantwana, abafazi, oonyana neentombi zebandla lonke,
abo bakuludwe lweenkcukacha zomlibo. Kaloku babethembekile
ekuzihlambululeni.

19Ke ababingeleli, inzala ka-Aron, abo babehlala emaphandleni ajikeleze
iidolophu, kanti nasezidolophini, kwakhethwa amadoda ukuhambisa izabelo
kuye wonke oyindoda phakathi kwabo, nakubo bonke abakuludwe lwemilibo
yabaLevi.

20Nantso ke imisebenzi eyenziwa nguHezekiya kulo lonke elakwaJuda; ewe,
wenza okuhle nokufanelekileyo, wanyaniseka kuNdikhoyo uThixo wakhe.

21Kuko konke awayekwenzela indlu kaThixo, nasekuthobeleni umthetho
nemiyalelo, wayesoloko efunana noThixo wakhe, emsebenzela ngomxhelo
wakhe wonke. Ngenxa yale nto ke waba nempumelelo.

2 Yeziganeko 32

USenakeribhe ugrogrisa iJerusalem

(2 Kum 18–19)

1Emva kwezo zenzo zentembeko zikaHezekiya elakwaJuda lahlaselwa
nguSenakeribhe ukumkani waseAsiriya. Wazingqinga izixeko
ezinqatyisiweyo, ezimisele ukutyhoboza azithimbele kuye.

2UHezekiya akuqonda ukuba uSenakeribhe ugalelekile waye ezimisele
ukulwa neJerusalem,

3wathetha-thethana namaphakathi akhe, kunye namagosa omkhosi, eceba
ukuvala amanzi asuka emithonjeni engaphandle kwesixeko, baza ke
bavumelana naye.

4Kwaqokelelwa iqela elikhulu labantu, baza bayivala yonke imithombo kunye
nentlambo eyayinqumla kwelo lizwe. Babesithi: “Asinakubayeka ookumkani
baseAsiriya beze, ze bafumane amanzi angaka.”

5Wazabalaza ezilungisa zonke iindawo ezonakeleyo eludongeni, esakha
neenqaba eziphakamileyo. Wakha nolunye udonga ngaphaya kwalo, waza

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

walomeleza ungqameko lwesixeko sikaDavide. Kananjalo wenza nentaphane yezixhobo kunye namakhaka.

6Abantu wabamisela amagosa omkhosi, waza wabaqokelela ebaleni lesixeko ngasesangweni, wabakhuthaza ngala mazwi, wathi:

7“Yomelelani nikhaliphe! Ze ningabi nadyudyu okanye nityhafe ngenxa yokumkani waseAsiriya nomkhosi wakhe omkhulu; kaloku baninzi abangakuthi kunabo bangakuye.

8Ngakuye ngamandla omntu, ukanti ngakuthi nguNdikhoyo uThixo wethu oza kusinceda asilwele amadabi ethu.” Ke abantu batsho bomelela ngaloo mazwi kaHezekiya ukumkani wakwaJuda.

9Kamva ke xa uSenakeribhe ukumkani waseAsiriya nomkhosi wakhe uphela babengqinge iLakishe, wathumela amagosa akhe nalo myalezo, ewubhekisa kuHezekiya ukumkani wakwaJuda kunye nabo bonke abantu bakwaJuda ababeseJerusalem, esithi:

10“Ukumkani waseAsiriya uSenakeribhe uthi: Khanitsho, niqamele ngani, ukuze nihlale ngaphakathi kweJerusalem engqingiweyo nje?

11UHezekiya lo uthi: ‘UNdikhoyo uThixo wethu uza kusihlangula esandleni sokumkani weAsiriya,’ uyanilahlekisa, ufuna nibulawe yindlala nalunxano.

12Andithi kaloku uHezekiya ngokwakhe uzidilizile iindawo eziphakamileyo zonqulo kwakunye namaqonga, esithi kuJuda neJerusalem: ‘Nqulani kwiqonga elinye, nitshise namadini kwakulo’?

13“Ngaba anizazi na izinto ezenziwa ngoobawo kunye nam lo kubantu bonke bezinye izizwe? Baba nako yini na oothixo bezo zizwe ukuhlangula umhlobo wabo esandleni sam?

14Kwizizwe ezatshatyalaliswa ngoobawo, nguwuphi koothixo bazo owaba nako ukuhlangula abantu bazo kum? Uza kunihlangula njani lo Thixo wenu esandleni sam?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15Hayi bo! Musani ukumyeka uHezekiya anikhohlise anilahlekise kangaka.
Musani ukukholwa yinto ayithethayo, kuba akukho thixo nakusiphi na isizwe
nombuso oselekhe wanako ukuhlangula abantu esandleni sam, nakweso
soobawo. Wobeka phi ke lo Thixo wenu ukungabi nako ukunihlangula
esandleni sam?”

16Aqhabalaka ke amagosa kaSenakeribhe ethetha ngokuchaseneyo
noNdikhoyo uThixo nangesicaka sakhe uHezekiya.

17Kananjalo ukumkani lowo wabhala neeleta ethuka enyelisa uNdikhoyo
uThixo kaSirayeli, esithi: “Kwanjengokuba oothixo bezinye izizwe
bengabanga nako ukuhlangula abantu bazo esandleni sam, ngokunjalo ke
nalo Thixo kaHezekiya akayi kubahlangula esandleni sam abantu bakhe.”

18Baza ke bakhwaza bethetha isiHebhere bebhekisa kubantu baseJerusalem
ababeseludongeni apho, beboyikisa bebagrogrisa ngenjongo yokuba boyike,
ukuze ke basihlasele isixeko eso.

19UThixo waseJerusalem bamnyelisa kanye ngaloo ndlela babebanyelisa
ngayo oothixo bezinye izizwe, oothixo abenziwe ngezandla zabantu.

20Ke kaloku ukumkani uHezekiya, ekunye nomshumayeli uIsaya unyana ka-
Amoze, lo mbandela bawubhekisa kuThixo ngomthandazo.

21Ke uNdikhoyo wathumela isithunywa sakhe sawatshabalalisa onke
amadoda omkhosi neenkokheli namaphakathi awayekumkhosi wokumkani
waseAsiriya. Waza ke warhoxa wagoduka enyoshoza. Uthe ke esangene
kwindlu yothixo wakhe, abanye koonyana bakhe basuka bambulala ngekrele.

22Ngoko ke uNdikhoyo wamhlangula uHezekiya nabantu baseJerusalem
esandleni sikaSenakeribhe ukumkani waseAsiriya, ngokunjalo nasesandleni
sezinye izizwe. Bebonke wabakhusela macal' onke.

23Baba baninzi abazisa iminikelo kuNdikhoyo eJerusalem, nezipho
ezixabisekileyo kuHezekiya ukumkani wakwaJuda. Ukusukela ngoko ke
waxatyiswa zizo zonke izizwe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

UHezekiya: ikratshi, impumelelo, nokufa kwakhe
(2 Kum 20)

24Ngelo thuba ke uHezekiya wahlabeka, waza wagulela ukungabikho.
Wathandaza uNdikhoyo, owasuka wamphendula ngomqondiso omangalisayo.

25Kambe ke uHezekiya wayethiwe lwale likratshi, akabusabela ububele
abenzelweyo; ngoko ke ingqumbo kaNdikhoyo yaba phezu kwakhe ndawonye
noJuda neJerusalem.

26Ke kaloku uHezekiya nabantu baseJerusalem baguquka kwelo kratshi labo,
yaza ke loo ngqumbo kaNdikhoyo ayaphinda ibe phezu kwabo ngemihla
kaHezekiya.

27UHezekiya wayesisinhanha sesityebi ehlonelwe. Ke wazenzela oovimba
bokugcina isiliva, igolide, amatye exabiso, iziqholo, amakhaka, nazo zonke
iindidi zezinto ezixabisekileyo.

28Kananjalo wakha izindlu zokugcina isivuno – ingqolowa, iwayini,
namafutha omnquma – wakha nezitali zeendidi zeenkomo nezibaya
zeegusha.

29Wakha iidolophu, wazuza imihlambi yeegusha neenkomo – kaloku uThixo
wayemphe ubutyebi obuninzi.

30IkwanguHezekiya owavala amantla omthombo waseGihon, amanzi
wawatsalela kwintshona yesixeko sikaDavide. Yayiqaqambile yonke into
ayenzayo.

31Kambe ke xa kwakuthunyelwe oonozaku-zaku kuye ngabalawuli
baseBhabheli, beze kuqonda ngomqondiso omangalisayo owawubonakele
apho elizweni lakhe, uThixo wamyekela khon' ukuze amvavanye akuqonde
konke okwakusentliziyweni yakhe.

32Kaloku ezinye zeziganeko zolawulo lukaHezekiya nemisebenzi yakhe
yokuzinikela, nâzo zibhaliwe encwadini yombono yomshumayeli uIsaya
unyana ka-Amoze, kwincwadi yookumkani bakwaJuda nabakwaSirayeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

33UHezekiya ke waya kuphumla kooyise, waza wangcwatyelwa kwicala elingasentla kwinduli enamafihlo esizukulwana sikaDavide. Ekuswelekeni kwakhe ke wonke uJuda ndawonye neJerusalem bamnika imbeko. Esikhundleni sakhe ke kwangena unyana wakhe uManase.

2 Yeziganeko 33

UManase ukumkani wakwaJuda

(2 Kum 21:1-18)

1UManase wayeneshumi elinesibini leminyaka ukuqala kwakhe ukuba ngukumkani, waza ke walawula eJerusalem iminyaka emashumi mahlanu anesihlanu.

2Wenza okukubi emehlweni kaNdikhoyo, wasuka wahamba ekhondweni lemikhuba emasikizi yezo zizwe wazigxothayo uNdikhoyo phambi kwamaSirayeli.

3Iindawo eziphakamileyo zonqulo ezazidilizwe nguyise uHezekiya yena wabuya wazivusa, kananjalo wakhela ooBhali amaqonga, wenza neentsika zika-Ashera. Wayequbuda nakwiindidi zonke zeenkwenkwezi, ezinqula.

4Wakha amaqonga endlwini kaNdikhoyo, nangona uNdikhoyo wayethe: “Igama lam ndolimisa eJerusalem ngonaphakade.”

5Kuzo zombini iinkundla zendlu kaNdikhoyo wakhela iinkwenkwezi amaqonga.

6Oonyana bakhe ncam wabafaka emlilweni, esenza idini ngabo kwintili kaBhen-hinom. Wayethe phithi yimilingo, ukuvumisa, nobugqwirha, ehamba kumagqirha noosiyazi. Wayegqithisile ukwenza ububi emehlweni kaNdikhoyo, emqumbisa.

7Wathatha umfanekiso oqingqiweyo awayewenzile, wawufaka endlwini kaThixo; ukanti ke uThixo wayemyalile uDavide ndawonye noSolomon unyana wakhe, wathi: “Igama lam ndolimisa kude kube ngunaphakade apha kule ndlu eJerusalem, ndawo leyo ndayinyulayo phakathi kwazo zonke izindlu zikaSirayeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Ukuba amaSirayeli abe nenyameko, akwenza konke endiwayalele kona,
ayithobela yonke imithetho nemimiselo kwanemiqathango endayikhupha
ngoMosis, mna andisoze ndibuye ndiwenze abhadule emke kweli lizwe
ndalinika ooyise."

9Kambe ke yena uManase wamlahlekisa uJuda nabantu baseJerusalem,
ngangokuba bade babalasele ekwenzeni ububi kunezo zizwe
wazitshabalalisayo uNdikhoyo phambi kwamaSirayeli.

10UNdikhoyo wathetha noManase nabantu bakhe, kodwa zange bakhathale.

11Ngoko ke uNdikhoyo wabazisela iingqwayi-ngqwayi zomkhosi wokumkani
waseAsiriya, owafika wamthimba uManase walibanjwa, wamqhoga impumlo,
wambopha ngamakhamandela obhedu, wamsa eBhabheli.

12Kuloo nkxwaleko ke uManase wazicengezela kuNdikhoyo uThixo wakhe,
wazithoba warhuqa phantsi phambi koThixo wooyise.

13Akuthandaza ke, uNdikhoyo wachukumiseka sisikhungo sakhe,
wakuphulaphula ukuzibika kwakhe; ngoko ke wambuyisela embusweni
wakhe eJerusalem. Watsho waqonda ke uManase ukuba uNdikhoyo
nguThixo.

14Emva koko ke walwakha udonga olungaphandle lwesixeko sikaDavide,
kwintshona yomthombo waseGihon entilini, wada wee xhaxhe ngeSango
leeNtlanzi, wayijikeleza induli yeOfeli, kananjalo ke waluphakamisa. Wamisa
iingqwayi-ngqwayi zomkhosi kuzo zonke izixeko zakwaJuda ezinqatyisiweyo.

15Wazisusa izithixo zasemzini, kunye nomfanekiso owawusendlwini
kaNdikhoyo, kananjalo nawo onke amaqonga awayewakhe kwinduli yendlu
kaThixo eJerusalem; xa zizonke ezo zinto wazikhuphela ngaphandle
kwesixeko.

16Waza ke walibuyisela iqonga likaNdikhoyo, kulo wenza amadini
obudlelwane nawombulelo; uJuda wamyalela ukuba akhonze uNdikhoyo
uThixo kaSirayeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Kambe ke bona abantu bathi rhoqo ukwenza amadini kwiindawo eziphakamileyo zonqulo, kodwa bewenzela uNdikhoyo uThixo wabo.

18Ke kaloku ezinye zeziganeko zolawulo lukaManase, kunye nomthandazo wakhe kuThixo wakhe, namazwi awathethwa ngabashumayeli kuye egameni likaNdikhoyo uThixo kaSirayeli, nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaSirayeli.

19Ewe, umthandazo wakhe nendlela awachukumiseka ngayo uThixo sisikhungo sakhe, ndawonye nazo zonke izono zakhe nokunganyaniseki kwakhe, nezo ndawo wazakha kuzo iindawo eziphakamileyo zonqulo, nalapho wazimisa khona iintsika zika-Ashera kwanemifanekiso eqingqiweyo, ngaphambi kokuzithoba kwakhe, yonke loo ngcombolo ibhaliwe kwiinkcukacha zeembongi.

20UManase ke waya kuphumla kooyise, waza wangcwatywa kwibhotwe lakhe. Esikhundleni sakhe ke kwangena unyana wakhe uAmon.

UAmon ukumkani wakwaJuda
(2 Kum 21:19-26)

21Ke kaloku uAmon wayeneminyaka emashumi mabini anesibini ezelwe ukuqala kwakhe ukulawula, waza ke waba ngukumkani iminyaka emibini eJerusalem.

22KwanjengoManase uyise naye wênza okubi emehlweni kaNdikhoyo. UAmon wayeyenzela amadini ayinqule yonke imifanekiso eyayenziwe nguyise uManase.

23Yena zange azithobe phambi koNdikhoyo njengoko wenjenjalo uyise uManase; ndaweni yoko wasuka walandisa ityala lakhe.

24Ke amaphakathi ka-Amon amenzela iyelenqe, ambulalela kwakhe ebhotwe.

25Ke bona abantu belo zwe bababulala bonke abo babenzele ukumkani uAmon iyelenqe, baza babeka unyana wakhe uJosiya wangukumkani esikhundleni sakhe.

2 Yeziganeko 34

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

UJosiya uchasa unqulo-zithixo
(2 Kum 22:1-2; 23:4-20)

1UJosiya waqalisa ukulawula eneminyaka esibhozo, waza walawula
eJerusalem iminyaka emashumi mathathu ananye.

2Ke yena wênza okuhle emehlweni kaNdikhoyo, ehamba ekhondweni
likayise-mkhulu uDavide, enganxaxhi.

3Kunyaka wesibhozo elawula, nakuba wayeselula, waqalisa ukufunana
noThixo kayise-mkhulu uDavide. Kunyaka weshumi elinesibini waqalisa
ukuzitshitshisa iindawo eziphakamileyo zonqulo kwaJuda naseJerusalem,
wazisusa neentsika zika-Ashera kunye nemifanekiso eqingqiweyo
netyhidiweyo.

4Wayalela ukuba achithwe namaqonga kaBhali, kunye nalawo eziqhumiso
ayephezu kwawo; wazintlekeza iintsika zika-Ashera, kwanemifanekiso
eqingqiweyo netyhidiweyo. Ezi zinto wazikroboza waza wazisarhaza
emangcwabeni abo babezinqula.

5Amathambo ababingeleli baloo maqonga wawatshisela phezu
kwawo; ngaloo ndlela ke wamhlambulula uJuda neJerusalem.

6Kwiidolophu zakwaManase, kwaEfrayim, kwaSimon, de kuthi xhaxhe
ngoNafetali, nakumabhodlo ajikelezileyo,

7wawachitha amaqonga, wazisusa neentsika zika-Ashera, imifanekiso
wayicola yangumgubo, onke amaqonga eziqhumiso wawadiliza kwaSirayeli
ephela. Waza ke wabuyela eJerusalem.

Ukuhlaziywa kwendlu kaNdikhoyo
(2 Kum 22:3-7)

8Ngonyaka weshumi elinesibhozo elawula uJosiya, ekulihlambululeni kwakhe
ilizwe elo kunye nendlu kaThixo, wathumela uShafan unyana ka-Azaliya
noMaseya umlawuli-sixeko, kunye noJowa unyana kaYowahazi umgcini-
manqaku, ukuze bahlaziye indlu kaNdikhoyo uThixo wakhe.

9Baya kumbingeleli omkhulu uHilekiya, baza bamnika imali eyayiziswe
endlwini kaThixo, eyayiqokelelwe ngabaLevi ababengabagcini-minyango,

© 1996 Bible Society of South Africa.

baza bayiqokelela kubantu bakwaManase, abakwaEfrayim, nakuwo onke amasalela kaSirayeli, nakubantu bakwaJuda nabakwaBhenjamin, ngokunjalo nakubemi baseJerusalem.

10Bayigcinisa kubafo ababemiselwe ukuvelela umsebenzi wendlu kaNdikhoyo. Aba bafo ke bahlawula abasebenzi ababehlaziya indlu kaThixo.

11Enye imali bayinika abachweli nabakhi ukuze bathenge amatye akroliweyo kunye nomthi wokuhlanganisa nowemiqadi ukuze kulungiswe ezo zakhiwo zayekwa zabhodloka ngookumkani bakwaJuda.

12La madoda awenza ngentembeko loo msebenzi. Ayekhokelwa nguYahati no-Obhadiya, abaLevi abayinzala kaMerari, kunye noZakariya noMeshulam, inzala kaKohati. Aba baLevi bonke babeziingcungela ekudlaleni izikhalisi zengoma;

13ngabo ababevelele abathwali bempahla nabasebenzi kwiinkalo ngeenkalo zomsebenzi. Bambi abaLevi babengoonobhala, namagosa, nabagcini-masango.

Ukufunyanwa kwencwadi yomthetho
(2 Kum 22:8 – 23:3)

14Bathe besakhupha imali eyayiziswe endlwini kaNdikhoyo, umbingeleli uHilekiya wayibhaqa incwadi yomthetho kaNdikhoyo, leyo yayinikelwe kuMosis.

15UHilekiya wathetha noShafan unobhala, wathi: “Apha endlwini kaNdikhoyo ndiyifumene incwadi yomthetho.” Waza ke wayinika uShafan.

16UShafan ke incwadi leyo wayisa kukumkani, wamazisa wathi: “Izicaka zakho ziyakwenza konke ezikuthunyiweyo.

17Imali ebisendlwini kaNdikhoyo ziyithathile zayinikezela kubaveleli babasebenzi.”

18Waza ke unobhala uShafan waxelela ukumkani wathi: “Umbingeleli uHilekiya undinike incwadi.” Wandula ke uShafan ukufundela ukumkani incwadi leyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

19Akuweva ke amazwi omthetho lowo, ukumkani wasuka wazikrazula izambatho zakhe.

20Wayalela uHilekiya, uAhikam unyana kaShafan, uAbhedon unyana kaMika, unobhala uShafan, noAsayi intong' esekhosi kakumkani, wathi:

21“Hambani niye kubuzisa kuNdikhoyo malunga nam namasalela kaSirayeli noJuda, malunga noko kubhaliweyo kule ncwadi ivelileyo. Ayinganganto ingqumbo kaNdikhoyo ayiphokozele phezu kwethu, kuba oobawo abawathobelanga amazwi kaNdikhoyo, abaziphathanga ngokwala mazwi abhalwe kule ncwadi.”

22Ke kaloku uHilekiya nâbo wayethunywe nabo ngukumkani baya kumshumayeli obhinqileyo uHulda, owayengumfazi kaShulam unyana kaTokati, kaHasera umgcini-wegumbi lezambatho. Yena ke wayehlala eJerusalem kwisithili sesibini.

23Wathetha nabo wathi: “Utsho uNdikhoyo uThixo kaSirayeli ukuthi: Mxelele loo mntu unithumileyo nithi:

24‘Utsho uNdikhoyo ukuthi: Uyabona, le ndawo, ikunye nabantu bayo, ndiza kuyizisela isithwakumbe. Ziza kuwa phezu kwayo zonke iziqalekiso ezibhaliweyo kule ncwadi ayifundelweyo ukumkani wakwaJuda.

25Kaloku bandishiyile, baza benzela abanye oothixo iziqhumiso. Ewe, bawuxhokonxile umsindo wam ngezi zinto bazenze ngezandla zabo. Ingqumbo yam iza kuwa phezu kwale ndawo, ingabi nakucimeka.’

26Ukumkani wakwaJuda onithume ukuza kubuzisa kuNdikhoyo mxeleleni nithi: ‘Mayela namazwi owevileyo utsho uNdikhoyo uThixo kaSirayeli ukuthi:

27Ngenxa yokuba wena uhlabekile, waza wazithoba phambi koThixo wakuba uwevile amazwi ayikhalimela ngawo uThixo le ndawo nabemi bayo, wada ke wena wazithoba phambi kwam, wakrazula nezambatho zakho, ulila phambi kwam, ngoko ke ndikuvile, utsho uNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

28Wena ke ndiya kukusa kooyihlo, ungcwatywe unoxolo. Awakho amehlo akayi kusibona esi sithwakumbe ndiza kusithoba phezu kwale ndawo kunye nabemi bayo.' " Loo mpendulo ke bayixelela ukumkani.

29Ukumkani ke wawaqokelela onke amadoda amakhulu akwaJuda naseJerusalem.

30Waya endlwini kaNdikhoyo, ehamba namadoda akwaJuda, abemi baseJerusalem, ababingeleli nabaLevi, enabantu bonke kuqalela koyena mncinci kuye koyena mkhulu. Wabafundela onke amazwi aloo ncwadi yomnqophiso, leyo yayifunyenwe endlwini kaNdikhoyo.

31Ke ukumkani wema ngasentsikeni, wawuhlaziya umnqophiso wokuba yena uya kulandela uNdikhoyo, ayithobele imiyalelo, imiqathango, nemimiselo yakhe, oko akwenze ngentliziyo yakhe iphela, nomphefumlo wakhe uphela, ahambe ngokwamazwi omnqophiso abhalwe kule ncwadi.

32Kananjalo wonke umntu eJerusalem nakwaBhenjamin wathi makazibophelele kuwo. Ke abemi baseJerusalem bayenza le nto ngokomnqophiso kaThixo, nditsho uThixo wooyise.

33Kuwo wonke ummandla wakwaSirayeli uJosiya wazisusa izithixo ezingamasikizi, waza onke amaSirayeli wathi makakhonze uNdikhoyo uThixo wawo. Ngethuba lokudla kwakhe ubomi amaSirayeli zange ajike ekumlandeleni uNdikhoyo uThixo wooyise.

2 Yeziganeko 35

UJosiya ubhiyozela iPasika

(2 Kum 23:21-23)

1Ke kaloku uJosiya wenzela uNdikhoyo itheko lePasika eJerusalem, laza ke ixhwane lePasika laxhelwa ngomhla weshumi elinesine ngenyanga yokuqala.

2Ababingeleli wabamisela kwimisebenzi yabo, wabakhuthaza emsebenzini wendlu kaNdikhoyo.

3KubaLevi ababenikezelwe kuNdikhoyo befundisa uSirayeli wonke ephela wathi: "Yithatheni ityesi engcwele, niyifake endlwini awayakhela yona

© 1996 Bible Society of South Africa.

uSolomon unyana kaDavide ukumkani wakwaSirayeli. Mayingahlali niyithwele ngamagxa. Ngoku khonzani uNdikhoyo uThixo wenu ngokunjalo namaSirayeli.

4Zilungiseleleni ngokwemizi yenu nangokwezintlu, ngokwendlela nemigqaliselo eyabhalwa nguDavide ukumkani wakwaSirayeli kunye nonyana wakhe uSolomon.

5“Yimani engcweleni nineqela labaLevi kuluhlu ngalunye lwemizi yamawenu, abantu ngokubanzi.

6Xhelani amaxhwane ePasika, nizihlambulule, amawenu niwalungiselele amaxhwane, nenze loo nto wayiyalezayo uNdikhoyo ngoMosis.”

7Abantu ababelapho uJosiya wabalungiselela amashumi amathathu amawaka eegusha neebhokhwe ezizezedini lePasika, kwakunye namawaka amathathu eenkomo – zonke ezo zinto ziphuma kukumkani ngokwakhe.

8Nawo amaphakathi akhe enza izinwe akhuphela abantu nababingeleli nabaLevi. UHilekiya noZakariya noYehiyeli, abaphathi bendlu kaThixo, banika ababingeleli amakhulu angamashumi amabini anesithandathu amaxhwane ePasika kunye neenkomo ezimakhulu mathathu.

9Kwakhona uKonaniya noShemaya noNataniyeli, abantakwabo, kunye noHashabhiya noYehiyeli noYozabhadi iinkokheli zabaLevi, bakhupha amawaka amahlanu amaxhwane ePasika, kunye namakhulu amahlanu eenkomo egameni labaLevi.

10Yalungiselelwa inkonzo leyo, ababingeleli bema ngeendawo zabo nabaLevi kwizintlu zabo ngokomyalelo kakumkani.

11Axhelwa amaxhwane ePasika, baza ababingeleli bafefa ngelo gazi lalinikezelwe kubo, baba bona abaLevi behlinza.

12Bawabeka bucala amadini atshiswayo, ukuze bawanikezele kwizintlu zemizi, ukuze zinikele kuNdikhoyo njengoko kubhaliwe encwadini kaMosis. Benjenjalo ke nasezinkomeni.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Ngokommiselo ke amaxhwane ePasika bawosa emlilweni, wona amadini
awodwa bawapheka ngeembiza, oongxawu, neepani, baza ke baphakela
abantu ngokukhawuleza.

14Kamva ke balungiselela bona kunye nababingeleli. Kaloku ababingeleli,
inzala ka-Aron, babesenza amadini atshiswayo nawamanqatha kwada
kwahlwa. Ngoko ke abaLevi bazilungiselela bona ziqu kwanababingeleli
bendlu ka-Aron.

15Iimvumi, inzala ka-Asafu, zazimi ngeendawo zazo ngokomyalelo kaDavide
noAsafu noHeman noYedutun imboni kakumkani. Kwisango ngalinye
abagcini-masango abemkanga, kuba amawabo abaLevi babebalungiselele.

16Ngelo thuba ke yonke inkonzo kaNdikhoyo yaqhutywa, kubhiyozelwa
iPasika, kusenziwa namadini atshiswayo kwiqonga likaNdikhoyo
ngokomyalelo kakumkani uJosiya.

17Ngelo thuba ke amaSirayeli awayekhona apho ayibhiyozela iPasika, aqhuba
neSidlo seZonka ezingaNyuswanga, iintsuku zasixhenxe.

18Ukususela kwimihla yomshumayeli uSamweli iPasika le yayingazange
iqhutywe ngolu hlobo kwaSirayeli, kungekho nakumkani kwabakwaSirayeli
wakha waqhuba iPasika ngendlela awayenza ngayo uJosiya enababingeleli
nabaLevi, naye wonke uJuda noSirayeli, abantu ababelapho eJerusalem.

19Le Pasika ke yabhiyozelwa kunyaka weshumi elinesibhozo elawula uJosiya.

Ukufa kukaJosiya
(2 Kum 23:28-30)

20Ke kaloku emva kokuba uJosiya eyilungisile indlu kaThixo, uNeko
ukumkani waseJiputa wenyuka waya kuhlasela iKarkemishe kumlambo
iEfrati. Ke uJosiya wamhlangabeza.

21Kambe ke uNeko wathumela izigidimi esithi: “Akukho mfazwe phakathi
kwam nawe, kumkani wakwaJuda. Okweli lixa andihlaseli wena, koko
ndihlasela isizwe esilutshaba lwam. UThixo uthe mandikhawulezise, ngoko
ke wena musa ukuchasana noThixo ongakum, hleze akutshabalalise.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

22Kodwa ke uJosiya zange ajike, koko wazenza mntu wumbi, wangena edabini. Ewe, zange ayiphulaphule into eyayithethwa kuye nguNeko owayeyalelwe nguThixo – wafunzela kuye, walwa naye kumathafa aseMegido.

23Abatoli bamchana ukumkani uJosiya edabini apho, waza ke yena wathetha namaphakathi akhe, wathi: “Ndikhupheni; bandingxwelerhile.”

24Bamkhupha ke kuloo nqwelo yakhe, bamfaka kwenye, baza bamsa eJerusalem, apho wafela khona. Wangcwatywa phakathi kwamangcwaba ooyise, waza ke wonke uJuda neJerusalem bamzilela.

25Ke kaloku uJeremiya waqamba izililo ngoJosiya. Unanamhla ke zonke iimvumi, amadoda nabafazi, bahlabela ezo zililo xa bekhumbula uJosiya. Zona ke zada zasisithethe kwaSirayeli, zabhalwa kwiNcwadi yesiJwili.

26Ke kaloku ezinye zeziganeko zolawulo lukaJosiya, kwanemisebenzi yakhe yokuzinikezela njengoko kubhaliweyo encwadini yomthetho kaNdikhoyo,

27nazo zonke iziganeko zolawulo lwakhe, ukusukela ekuqalekeni kuye esiphelweni, nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaSirayeli nabakwaJuda.

2 Yeziganeko 36

1Ke abantu belizwe bathatha unyana kaJosiya, uYowahazi bammisela esikhundleni sikayise, wangukumkani eJerusalem.

UYowahazi ukumkani wakwaJuda

(2 Kum 23:31-35)

2UYowahazi wangena ekulawuleni eneminyaka emashumi mabini anantathu, waza ke wangukumkani eJerusalem iinyanga ezintathu.

3Ukumkani waseJiputa wamkhiqa eJerusalem, waza uJuda wamrhafisa isiliva ebunzima buziikhilogram ezingamawaka amathathu anamakhulu amane, kunye negolide ebunzima buziikhilogram ezingamashumi amathathu anamakhulu amane.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Ukumkani waseJiputa lowo wamisela umntakwabo-Yowahazi uEliyakim wangukumkani wakwaJuda naseJerusalem, waza waliguqula igama likaEliyakim wathi nguJoyakim. Ke yena umntakwabo uYowahazi wamthimba wamsa eJiputa.

UJoyakim ukumkani wakwaJuda
(2 Kum 23:36 – 24:7)

5UJoyakim waqala ukulawula eneminyaka emashumi mabini anantlanu, walawula eJerusalem iminyaka elishumi elinanye. Wênza okubi emehlweni kaNdikhoyo uThixo wakhe.

6Ke kaloku uNebhukadenezare ukumkani waseBhabheli wamhlasela, waza wamthimba wambopha ngamakhamandela obhedu, wamsa eBhabheli.

7Kananjalo uNebhukadenezare wathatha inxenye yezitya zendlu kaNdikhoyo waya kuzibeka endlwini yothixo wakhe eBhabheli.

8Ke ezinye zeziganeko zolawulo lukaJoyakim, nezinto ezimanyumnyezi awazenzayo, nako konke okwakhe, nâzo encwadini yookumkani bakwaSirayeli nabakwaJuda. UJoyakin unyana wakhe wangena esikhundleni sakhe.

UJoyakin ukumkani wakwaJuda
(2 Kum 24:8-17)

9UJoyakin waqala ukulawula eneminyaka elishumi elinesibhozo, waza walawula eJerusalem iinyanga ezintathu ezineshumi leentsuku. Wênza okubi emehlweni kaNdikhoyo.

10Ngentlakohlaza ukumkani uNebhukadenezare wathumela waya kuthathwa wasiwa eBhabhelikunye nezinto ezixabisekileyo zendlu kaNdikhoyo. Wathatha uyisekazi kaJoyakin uZedekiya wamenza ukumkani wakwaJuda naseJerusalem.

UZedekiya ukumkani wakwaJuda nokuwa kweJerusalem
(2 Kum 24:18 – 25:21; Jer 52:1-11)

© 1996 Bible Society of South Africa.

11UZedekiya wayeneminyaka emashumi mabini ananye ezelwe ukuqala kwakhe ukuba ngukumkani, waza ke walawula eJerusalem iminyaka elishumi elinanye.

12Wênza okubi emehlweni kaNdikhoyo uThixo wakhe; zange amthobele nomshumayeli uJeremiya owayemxelela ilizwi likaNdikhoyo.

13UZedekiya wamvukela ukumkani uNebhukadenezareowayemfungise ngegama likaThixo. Wasuka walukhuni waneenkani, akavuma ukubuyela kuNdikhoyo uThixo kaSirayeli.

14Ngaphezu koko ke zonke iinkokheli zababingeleli nezabantu zasuka azanyaniseka ngakumbi, zalandela izenzo ezimasikizi zeentlanga, baza ke bayixabhela indlu kaNdikhoyo, leyo yena wayingcwalisayo eJerusalem.

15Ke kaloku uNdikhoyo uThixo wooyise waphindelela ukubalumkisa ngamazwi awawathumela ngezithunywa zakhe evelana nabantu bakhe ndawonye nendawo yakhe yokuhlala.

16Kodwa ke bona basuka baphoxisa ngazo izithunywa zakhe, bawadelela amazwi akhe, bebagxeka abashumayeli bakhe; yada ke ingqumbo kaNdikhoyo yavuseleleka mayela nabantu bakhe, ayabi sanqandeka.

17Wabaxhokonxela ukumkani wamaKaledi, owababulalayo abafana babo ngekrele, ebabulalela endaweni engcwele; ewe, akasindisanga mfana nantombi, ndoda naxhego. Xa bebonke uThixo wabanikezela esandleni sokumkani wamaKaledi.

18Yena ke wazithatha zonke izinto ezazisetyenziswa endlwini kaThixo waya nazo eBhabheli – konke nje, ezincinci kwanezinkulu ndawonye nobutyebi bendlu kaNdikhoyo, nobukakumkani, nobamaphakathi.

19Indlu kaThixo bayintumeka umlilo, baludiliza udonga lweJerusalem, baza bazitshisa nezixeko, batshabalalisa yonke into exabisekileyo khona.

20Ke amasalela abhungcayo kwikrele wawathimba wawasa eBhabheli, aba zizicaka zakhe nezoonyana bakhe, wada ke wathwasa umbuso wasePeshiya.

© 1996 Bible Society of South Africa.

21Ngale ndlela ke azaliseka amazwi kaNdikhoyo awathethwa
nguJeremiya, laza ilizwe laxhamla iminyaka yalo yokuphumla. Ewe, lonke
elo xesha lalingamiwanga ilizwe beliphumla, nditsho iminyaka emashumi
asixhenxe.

UKoreshi ukhulula abathinjwa
(Ezra 1:1-4)

22Ngonyaka wokuqala kakumkani uKoreshi wasePeshiya, ukuzalisekisa
amazwi awawathetha ngomlomo kaJeremiya, uNdikhoyo wawuxhokonxa
umoya kakumkani uKoreshi wasePeshiya, waza wawisa umthetho kuwo
wonke ummandla wakhe, wayalela ukuba ubhalwe, kusithiwa:

23“Utsho uKoreshi, ukumkani wasePeshiya, ukuthi: ‘UNdikhoyo uThixo
wezulu uzinikele kum zonke izikumkani zehlabathi; kananjalo undimisele
ukuba ndimakhele indlu eJerusalem kwelakwaJuda. Ngoko ke, nabani
phakathi kwenu nonke ongowabantu bakhe, ngamana uThixo wakhe waba
naye, anduluke aye khona.’ ”

© 1996 Bible Society of South Africa.

UEzra

UEzra 1

UKoreshi ukhululula abathinjwa
(2 Gan 36:22-23)

1Ngonyaka wokuqala kakumkani uKoreshi wasePeshiya, ukuzalisekisa
amazwi awawathetha ngomlomo kaJeremiya, uNdikhoyo wawuxhokonxa
umoya kakumkani uKoreshi wasePeshiya, waza wawisa umthetho kuwo
wonke ummandla wakhe, wayalela ukuba ubhalwe, kusithiwa:

2"Utsho uKoreshi, ukumkani wasePeshiya, ukuthi: 'UNdikhoyo uThixo wezulu
uzinikele kum zonke izikumkani zehlabathi, kananjalo undimisele ukuba
ndimakhele indlu eJerusalem kwelakwaJuda.

3Ngoko ke, nabani phakathi kwenu nonke ongowabantu bakhe, ngamana
uThixo wakhe waba naye, anduluke aye eJerusalem kwelakwaJuda, ayakhe
indlu kaNdikhoyo, uThixo kaSirayeli, uThixo oseJerusalem.

4Onke amasalela, ezindaweni zonke axhwarhe kuzo, makancedwe ngabantu
bezo ndawo akuzo, anikwe isiliva negolide nenye impahla, kunye nemfuyo
kwaneminikelo yokuqhutywa yintliziyo ukwenzela indlu kaThixo
eJerusalem.' "

5Ke kaloku iinkulu zezindlu zakwaJuda nakwaBhenjamin, ababingeleli,
nabaLevi, naye wonke umntu ontliziyo ichukunyiswe nguThixo, balungiselela
ukuya kwakha indlu kaNdikhoyo eJerusalem.

6Bonke abamelwane babo babancedisa ngezinto zesiliva, nezegolide, nenye
impahla, nangemfuyo, nezipho ezixabisekileyo, ndawonye neminikelo
yokuqhutywa yintliziyo.

7Kananjalo ke ukumkani uKoreshi wayikhupha impahla eyayisetyenziswa
endlwini kaNdikhoyo, leyo yayithinjwe nguNebhukadenezare eJerusalem
waza wayibeka endlwini yothixo wakhe.

8Ukumkani uKoreshi wasePeshiya wathi mayikhutshwe nguMitredati
unondyebo, owazibalayo wazinikezela kuSheshbhazare itshawe lakwaJuda.

© 1996 Bible Society of South Africa.

9Ngawo la ke amanani azo: izitya zegolide, 30; izitya zesiliva, 1.000, iipani zesiliva, 29.

10iindebe zegolide, 30, iindebe zesiliva eziyeleleneyo, 410, ezinye izitya, 1.000.

11Zizonke ke ezi zinto zingamawaka amahlanu anamakhulu amane, izezegolide nezesiliva. Xa bagodukayo ke abathinjwa bephuma eBhabheli besiya eJerusalem, uSheshbhazare wazithatha bahamba nazo.

UEzra 2

Uludwe lwabathinjwa ababuyileyo

(Neh 7:6-69)

1Naba ke abantu bephondo lakwaJuda abâkhululwáyo ekuthinjweni kwelaseBhabheli, okuya babethinjwe ngukumkani uNebhukadenezare waseBhabheli. Ke kaloku babuyela eJerusalem nakwaJuda, elowo waya kwidolophu yakowabo.

2Babekhokelwe nguZerubhabheli, uYeshuwa, uNehemiya, uSeraya, uRelaya, uModekayi, uBhileshan, uMispare, uBhigwayi, uRewum, noBhana. Nalu ke uludwe lwamaSirayeli awabuyayo ndawonye namanani awo:

3inzala kaParoshe, 2.172,

4ekaShefatiya, 372,

5eka-Ara, 775,

6ekaPahati-mowabhi ngomlibo kaYeshuwa noJowabhi, 2.812,

7ekaElam, 1.254,

8ekaZatu, 945,

9ekaZakayi, 760,

10ekaBhani, 642,

11ekaBhebhayi, 623,

12eka-Azegadi, 1.222,

13eka-Adonikam, 666,

© 1996 Bible Society of South Africa.

[14]ekaBhigwayi, 2.056,

[15]eka-Adin, 454,

[16]eka-Atere ngoHezekiya, 98,

[17]ekaBhezayi, 323,

[18]ekaYora, 112,

[19]ekaHashum, 223,

[20]ekaGibhare, 95,

[21]abantu baseBhetelehem, 123,

[22]abaseNetofa, 56,

[23]abaseAnatoti, 128

[24]abaseAzemavete, 42,

[25]abaseKiriyati-yarim, eKefira, naseBheroti, 743,

[26]abaseRama naseGebha, 621,

[27]abaseMikimashe, 122,

[28]abaseBhetele naseAyi, 223,

[29]abaseNebho, 52,

[30]abaseMagebhishe, 156,

[31]abenye iElam, 1.254,

[32]abaseHarim, 320

[33]abaseLodi, iHadide, neOno, 725,

[34]abaseJeriko, 345,

[35]abaseSena, 3.630.

[36]Ababingeleli: inzala kaYedaya ngendlu kaYeshuwa, 973,

[37]ekaImere, 1.052,

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

38ekaPashure, 1.247,

39ekaHarim, 1.017.

40AbaLevi: inzala kaYeshuwa noKademiyeli ngomlibo kaHodaviya, 74

41Iimvumi: inzala ka-Asafu, 128,

42Abalindi-masango endlu kaThixo: inzala kaShalum, uAtere, uTalemon, uAkubhi, uHatita, noShobhayi, 139,

43Izicaka zendlu kaThixo: inzala kaZiya, uHasufa, uTabhayoti,

44uKerose, uSiyaha, uPadon,

45uLebhana, uHagabha, uAkubhi,

46uHagabhi, uShalemayi, uHanan,

47uGidele, uGahare, uRaya,

48uRezin, uNekoda, uGazam,

49u-Uza, uPaseya, uBhesayi,

50uAsna, uMewunim, uNefusim,

51uBhakebhuki, uHakufa, uHarure,

52uBhazeluti, uMehida, uHasha,

53uBhakose, uSisera, uTama,

54uNeziya, noHatifa

55Inzala yezicaka zikaSolomon: inzala kaSotayi, uSoferete, uPeruda,

56uYala, uDakon, uGidele,

57uShefatiya, uHatili, uPokerete-zebhayim, noAmi

58Izicaka zendlu kaThixo nenzala yezicaka zikaSolomon, 392,

59Aba balandelayo babesuka kwiidolophu zaseTele-mela, eTele-hasha, eKerubhi, eAdan, naseImere; kambe ke ababanga nako ukuluvelisa uludwe lwemilibo yezindlu zabo kwaSirayeli:

© 1996 Bible Society of South Africa.

60inzala kaDelaya nekaTobhiya nekaNekoda, 652,

61Ke kwinzala yababingeleli: inzala kaHabhaya, uHakozi, noBhazilayi (umfo owayethathe intombi kaBhazilayi umGiliyadi waza wabizwa ngaloo mlibo)

62Aba ke balukhangela uludwe lwemilibo yezindlu zakomawabo, kodwa ke zange balufumane, ngoko ke zange babandakanywe nobubingeleli, koko bathathwa njengabanomlaza.

63Ke umlawuli wayalela ukuba bangatyi mpela kwizinto ezingcwele, kude kubekho umbingeleli obalungiselelayo ngeeurim neethumim.

64Bebonke babengamashumi amane anambini amawaka namakhulu amathathu anamashumi amathandathu,

65ngaphandle kwamawaka asixhenxe anamakhulu mathathu, mashumi mathathu anesixhenxe ezicaka ezingamadoda nezibhinqileyo. Ngokunjalo babeneemvumi ezingamakhulu amabini amadoda nababhinqileyo.

66Kananjalo babenamahashe angamakhulu asixhenxe mashumi mathathu nesithandathu; iimeyile ezingamakhulu amabini mashumi mane nesihlanu;

67iinkamela zingamakhulu amane mashumi mathathu nantlanu; iidonki zona zisisithandathu samawaka, amakhulu asixhenxe mashumi mabini.

68Bakufika endlwini kaNdikhoyo eJerusalem ezinye zeenkulu zezindlu zakhupha umnikelo ngokuqhutywa yintliziyo, ukuze kuhlaziywe indlu kaThixo esizeni sayo.

69Banikela ngokwamandla abo kuvimba, bagalela igolide ebunzima buziikhilogram ezimakhulu mahlanu, kunye nesiliva ebunzima buziikhilogram ezimawaka mabini namakhulu asibhozo, kunye nekhulu leminweba yababingeleli.

70Ke kaloku ababingeleli, abaLevi, iimvumi, abalindi-masango, nezicaka zendlu kaThixo, bebonke baya kuma kwiidolophu zakumawabo, ndawonye nabanye abantu. Kananjalo ke nabanye abangamaSirayeli bema ngokweedolophu zakomawabo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

UEzra 3

Ukuvuswa kweqonga lamadini

1Ke kaloku yathi ifika inyanga yesixhenxe, aye amaSirayeli selezinzile
kwiidolophu zawo. Ke bonke abantu baqokelelana eJerusalem.

2UYeshuwa unyana kaJozadaki nabantakwabo ababingeleli kunye
noZerubhabheli unyana kaShelatiyeli noogxa bakhe baqalisa ukwakha iqonga
likaThixo kaSirayeli lokwenza amadini atshiswayo, ngokwamazwi abhalwe
kumthetho kaMosis umfo wakwaThixo.

3Nakuba babebaxhalele abantu ababemelene nabo, balakha iqonga esizeni
salo, baza benzela uNdikhoyo amadini atshiswayo apho kulo, ndawonye
namadini akusasa nawamatshona.

4Kananjalo njengoko kubhaliwe, babhiyozela iTheko lamaPhempe, imini
nganye ngokwamadini atshiswayo amiselweyo.

5Emva koko banikela amadini atshiswayo amiselweyo: amadini okuthwasa
kwenyanga, namadini amatheko kaNdikhoyo amiselweyo, kunye neminikelo
yokuqhutywa yintliziyo kuNdikhoyo.

6Ngomhla wokuqala wenyanga yesixhenxe baqalisa ukwenzela uNdikhoyo
amadini atshiswayo.

Ukwakhiwa ngokutsha kwendlu kaThixo

Sasingekabekwa isiseko sendlu kaNdikhoyo.

7Ke bakhupha imali, bayinika abaqingqi bamatye nabachweli. Bakhupha
nokutya, into eselwayo, namafutha omnquma, banika abantu baseSidon
nabaseTire, ukuze babathwalele izibonda zomsedare eLebhanon, bazifake
elwandle, ziye eJopa, ngokomyalelo kakumkani uKoreshi wasePeshiya.

8Ngenyanga yesibini kunyaka wesibini befikile endlwini kaThixo eJerusalem,
uZerubhabheli unyana kaShelatiyeli, uYeshuwa unyana kaJozadaki,
nabantakwabo ababingeleli nabaLevi, nabo bonke ababebuyele eJerusalem
bephuma ekuthinjweni, bawuqalisa umsebenzi, bamisela abaLevi abaminyaka

© 1996 Bible Society of South Africa.

imashumi mabini nangaphezulu ukuba bavelele umsebenzi wokwakhiwa kwendlu kaNdikhoyo.

9UYeshuwa noonyana bakhe nabantakwabo, noKademiyeli noonyana bakhe (inzala kaJuda), noonyana bakaHenadadi, noonyana babo, nabantakwabo, bonke bengabaLevi, ewe, xa bebonke babejonge abasebenzi ababesakha indlu kaThixo.

10Bathe abakhi bakusimisa isiseko sendlu kaNdikhoyo, ababingeleli bevathe ezobubingeleli, bephethe amaxilongo, abaLevi bona (oonyana baka-Asafu) bephethe amacangci, bebonke bema ngeendawo zabo, badumisa uNdikhoyo ngokommiselo kaDavide ukumkani wakwaSirayeli.

11Bantyiloza bebonga bedumisa uNdikhoyo, besithi: “Hayi kambe ukulunga kwakhe! Izibele zakhe kuSirayeli zimi ngonaphakade.” Bonke ke abantu bahlokoma ngentswahla, bekhahlela kuNdikhoyo ngenxa yokumiswa kweziseko zendlu kaNdikhoyo.

12Ke bona abadala ababingeleli nabaLevi neenkulu zezindlu, ababeyazi indlu yantlandlolo, ababanga nakuzibamba, koko basuka bangqukruleka bakusibona simiswa isiseko sendlu kaThixo. Ke bona abanye batsho ngentswahla luvuyo.

13Yaba yintsholo nje engazekiyo nokuba yimikhwazo yovuyo na okanye zizikhalo. Kaloku abantu basuka batsho ngamayeyeye, ntsholo leyo yayivakala nakude.

UEzra 4

Inkcaso mayela nokwakha

1Ke iintshaba zikaJuda noBhenjamin zithe zakuva ukuba abo babuyileyo ekuthinjweni nâbo besakha indlu kaNdikhoyo uThixo kaSirayeli,

2zasuka zeza kuZerubhabheli neenkulu zezindlu, zathi kubo: “Nathi sifuna ukunincedisa ekwakheni, kuba nathi kwanjengani siyamlangazelela lo Thixo wenu. Nangoku sasoloko simenzela amadini, kusukela kwixesha likakumkani waseAsiriya uEsaradon, lo wasizisa apha. ”

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Ke uZerubhabheli noYeshuwa neenkulu zezindlu zikaSirayeli baphendula bathi: “Aninalo ilungelo lokwakhela uThixo wethu indlu. Sithi sodwa abaza kuyakha le ndlu kaNdikhoyo uThixo kaSirayeli, ngokomyalelo kakumkani uKoreshi wasePeshiya.”

4Zasuka ke ezo ntlanga zazibangqongile zabatyhafisa abantu bakwaJuda, zabenza boyika ukuwuqhuba umsebenzi wokwakha.

5Zathenga amagosa awazidodobalisayo izicwangciso ngalo lonke ithuba lolawulo lukaKoreshi ukumkani wasePeshiya yada yalulawulo lukaDariyo ukumkani wasePeshiya.

Inkcaso ngethuba lika-Atashasta

6Ke kaloku ekuqaleni kolawulo luka-Asuwerosi bababeka isityholo esibhaliweyo abantu bakwaJuda nabaseJerusalem.

7Ke ngemihla ka-Atashasta ukumkani wasePeshiya uBhish-lam, uMitredati, noTabheli, namahlakani abo, babhala ileta, bayithumela kuAtashasta. Le leta ke yayibhalwe ngesiAram ngokwendlela isiAram esibhalwa ngayo.

8URehum igosa eliphetheyo noShimshayi unobhala babhala ileta echasene neJerusalem, bayithumela kuAtashasta ukumkani. Bayibhala ngolu hlobo,

9yaye iphuma kuRehum igosa eliphetheyo, noShimshayi unobhala, nawo onke amahlakani abo, abagwebi, abalawuli abongamele abantu, amagosa asePeshiya, e-Ereki naseBhabheli, ama-Alam aseSusa,

10nabo bonke abantu abeziswa apho ngohloniphekileyo umhlekazi uOsnapare, abo wabafudusa wabamisa kwisixeko saseSamariya nakwezinye iindawo kwelentshona ye-Efrati.

11Le ke yikopi yeleta abamthumelela yona: “Kumkani uAtashasta, “Le leta ivela kwizicaka zakho ezikwelentshona ye-Efrati.

12“Ukumkani simazisa ukuba laa maJuda awawathumela apha kuthi, nango eJerusalem ehlaziya esiya sixeko sidume ngovukelo nenkohlakalo. Ayazivusa iindonga zaso, nesiseko saso ayasilungisa.

© 1996 Bible Society of South Africa.

13Makaqonde kakuhle ke ukumkani: ukuba esi sixeko sithe savuswa kwakhona neendonga zaso zalungiswa, ziya kunqumka iirhafu, kungekho namrhumo naluphi na uhlobo lomnikelo oluya kuhlawulwa – nto leyo ke iya kuyiqhwalelisa ingxowa yasebhotwe.

14Ngoko ke thina njengabantu abaxhomekeke kwikomkhulu elo, futhi singakunqweneli ukubona ukumkani edelekile, sithe masikuthumele le leta sikwazise, mhlekazi,

15khon' ukuze kwenziwe uphando kumaxwebhu ashiywa ngabo bakwandulelayo. Apho kwezo ngcombolo ke uya kufumanisa ukuba esi sisixeko sabavukeli, abaphembeleli-dushe kookumkani nakumaphondo; kakade yayiyindawo yodushe kwamandulo. Kwakungenxa yaloo nto ukuze sitshatyalaliswe esi sixeko.

16Ewe, siyakulumkisa, mhlekazi: ukuba sikhe sakhiwa esi sixeko, zavuswa neendonga zaso, wena uya kusala ungenanto apha kwelentshona ye-Efrati."

17Ukumkani ke waphendula wenjenje: "URehum igosa eliphetheyo, uShimshayi unobhala, nawo onke amahlakani abo ahlala eSamariya naphi na kwelentshona ye-Efrati: Bhotani! "Ke

18ileta eniyibhalileyo nasithumelela yona ifundiwe yaguqulwa nam ndisiva.

19Ndilugunyazisile uphando, kwaza kwaphengululwa kwafumaniseka ukuba esi sixeko kwakudala sinembali yabavukeli-zikumkani – yindawo yovukelo nesiphithi-phithi.

20EJerusalem kwakukho ookumkani abanamandla, belawula kwelentshona ye-Efrati, irhafu neminikelo nemirhumo ihlawulwa kubo.

21Ngoko ke wisani umyalelo abo bantu bawuyeke loo msebenzi, ukuze eso sixeko singakhiwa de mna ndikuyalele oko.

22Nize nincede ke ningawuyekeleli lo mcimbi. Ningathini ukuyiyeka ihambele phambili into eza kubeka ikomkhulu emngciphekweni?"

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

23Ithe ke, isakufundwa loo leta yayivela kukumkani uAtashasta, uRehum noShimshayi unobhala namahlakani abo basuka ngoko nangoko baya kumaJuda eJerusalem, bafika bawanyanzela ngenkani ukuba awumise umsebenzi.

24Ngoko ke umsebenzi wokwakhiwa kwendlu kaThixo eJerusalem wema ngxi, yada yangunyaka wesibini wolawulo lukaDariyo ukumkani wasePeshiya.

UEzra 5

UTatenayi ubhalela uDariyo

1Ke kaloku umshumayeli uHagayi nomshumayeli uZakariyaumzukulwana kaIdo babeshumayela kwaJuda naseJerusalem egameni likaThixo kaSirayeli ophezu kwabo.

2Ke uZerubhabheli unyana kaShelatiyeli noYeshuwa unyana kaJozadaki baphinda bawuqhubela phambili umsebenzi wokwakha indlu kaThixo eJerusalem. Babekunye nabashumayeli bakaThixo bebancedisa.

3Ngelo thuba ke uTatenayi umlawuli kwelentshona ye-Efrati, kunye noSheta-bhozenayi namahlakani abo, baya kubo, babuza bathi: “Nigunyaziswe ngubani ukuba niyakhe le ndlu, nisivuse esi sakhiwo?”

4Baqhuba bathi: “Khona ngoobani amagama abakhi bale ndlu?”

5Kambe ke iliso likaThixo wawo lawalusa loo madoda makhulu akwaJuda, awade amiswe, kwada kwakhutshwa ingxelo yasiwa kuDariyo, waza ke waphendula.

6Nantsi ikopi yeleta kaDariyo awayibhalelwa nguTatenayi umlawuli welentshona ye-Efrati, noSheta-bhozenayi namahlakani abo namagosa elentshona ye-Efrati.

7Ingxelo leyo bayikhuphayo yayisithi: “Kumkani uDariyo, “Makube hele kube chosi kuwe!

© 1996 Bible Society of South Africa.

8“Siyakwazisa, kumkani, ukuba sikhe satyelela isithili sakwaJuda nendlu yoThixo omkhulu. Phaya ke sifike abantu beyakha ngamatye amakhulu, bemisa namaplanga ezindongeni zayo. Umsebenzi lowo ke wenziwa ngengqiqo, waye uhambela phambili phantsi kwesikhokelo sabo.

9“Sikhe sawancwina ngemibuzo amadoda amakhulu, sisithi: ‘Nigunyaziswe ngubani ukuba niyakhe le ndlu, nisivuse esi sakhiwo?’

10Kananjalo siwabuzile namagama awo, khon' ukuze siwabhale aweenkokheli zawo, sikwazise ngawo.

11“Aphendula ngolu hlobo ke, athi: “ ‘Thina sizizicaka zikaThixo wezulu nehlabathi. Ngoku ke sivusa indlu eyayakhiwe kwiminyaka yamandulo – yayakhiwe yagqitywa yingangalala yokumkani wakwaSirayeli.

12Kambe ke oobawo bamcaphukisa uThixo wezulu, waza wabanikela kuNebhukadenezare umKaledi, ukumkani waseBhabheli. Nguye ke owayidilizayo le ndlu, waza wabathimba abantu, wabasa eBhabheli.

13“ ‘Kwathi ke kunyaka wokuqala kaKoreshi ukumkani waseBhabheli, ukumkani uKoreshi lowo wawisa umyalelo wokuba mayakhiwe le ndlu kaThixo.

14Kwindlu yothixo waseBhabheli wazikhupha izitya ezenziwe ngegolide nezesiliva eyayizezendlu kaThixo, zaza zathathwa nguNebhukadenezare endlwini kaThixo eJerusalem, waya nazo kwindlu yothixo wakhe eBhabheli. “ ‘Ke ukumkani uKoreshi lowo wazinikezela kumfo ogama linguSheshbhazare, awayemmisele ukuba abe ngumlawuli,

15waza wamyalela wathi: “Thatha ezi zitya, uzise endlwini kaThixo eJerusalem, uze uyakhe indlu kaThixo leyo esizeni sayo.”

16Ngokunjalo ke uSheshbhazare lowo waza wafika wasimisa isiseko sendlu kaThixo apho eJerusalem. Ukusukela kuloo mini ke, kude kube namhlanje, yakhiwa okokoko, kodwa ayikagqitywa.

© 1996 Bible Society of South Africa.

17“ ‘Ngoko ke, ukuba kukholekile kukumkani, makhe kwenziwe uphando
kumaxwebhu eembali zekomkhulu laseBhabheli, ukuze kucace ukuba
ukumkani uKoreshi ngenene wayewise umyalelo na wokuba mayivuswe indlu
kaThixo eJerusalem. Kamva ke, mhlekazi, wosithumelela isigqibo sakho
ngalo mbandela.’ ”

UEzra 6

Umyalelo kaDariyo

1Ngoko ke ukumkani wayalela ukuba kwenziwe uphando kumaxwebhu
eembali awayegcinwe koovimba baseBhabheli.

2Ke kaloku kwafumaneka umqulu komkhulu eAmeta kwiphondo lamaMedi.
Kuwo ke kwakubhalwe kwathiwa: “Isikhumbuzo:

3“Kunyaka wokuqala kakumkani uKoreshi, ukumkani wawisa umyalelo
mayela nendlu kaThixo eJerusalem, esithi: “ ‘Indlu kaThixo mayivuswe,
ukuze kuyo kunikelwe amadini. Iziseko zayo mazakhiwe. Mayibe ziimitha
ezimashumi mabini anesixhenxe ukuphakama, neemitha ezimashumi mabini
anesixhenxe ububanzi.

4Mayibe nemiqolo emithathu yamatye amakhulu kunye nomqolo omnye
wamaplanga. Iindleko zokuyakha ziza kuphuma koovimba bakomkhulu.

5Izitya zegolide nezesiliva zendlu kaThixo leyo ezazithathwe ngukumkani
uNebhukadenezare apho kuloo ndlu eJerusalem, weza nazo eBhabheli,
mazibuyiselwe endaweni yazo kuloo ndlu iseJerusalem; maziye kubekwa
endlwini kaThixo.

6“ ‘Ngoko ke, wena Tatenayi, mlawuli wakwelentshona ye-Efrati, nawe Sheta-
bhozenayi namahlakani enu, magosa elo phondo, rhoxani.

7Musani ukuphazamisana nomsebenzi wokwakhiwa kwale ndlu kaThixo.
Umlawuli wamaJuda namadoda amakhulu akwaJuda mabayakhe kwasesizeni
sayo indlu kaThixo leyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Ngaphezu koko ke ndiwisa umyalelo wokuba loo madoda makhulu akwaJuda akha indlu kaThixo niwenzele ezi zinto: “ ‘Inkcitho yala madoda ekwakheni mayihlawulwe ngokupheleleyo, ithathwe koovimba bakomkhulu, kwiingxowa zerhafu yalapho kwelentshona ye-Efrati, ukuze ungemi umsebenzi.

9Nantoni na efunekayo – iinkunzana zeenkomo, iinkunzi zeegusha, amaxhwane angamaduna okwenzela uThixo wezulu amadini atshiswayo, ngokunjalo nengqolowa, ityuwa, iwayini, namafutha omnquma, ngokwesicelo sababingeleli apho eJerusalem – zonke ezi zinto mabazinikwe yonke imihla kungaphazanywa,

10khon' ukuze babe nako ukumenzela amadini amkholisayo uThixo wezulu, bathandazele intlala-kahle kakumkani noonyana bakhe.

11Kananjalo ke ndiwisa umyalelo wokuba nabani na owujikayo lo mthetho, ze kuncothulwe umqadi endlwini yakhe, axhonywe abethelelwe kuwo, ke yona indlu yakhe yenziwe indawo yangasese ngenxa yelo tyala.

12Ke kaloku uThixo owamisa igama lakhe khona apho, ngamana wamkhiqa nawuphi na ukumkani naye nabani na ozama ukujika lo mthetho okanye ofuna ukutshabalalisa le ndlu kaThixo iseJerusalem. “ ‘Ndim mna Dariyo owisa lo myalelo. Ngoko ke mawufezekiswe ngentumekelelo.’ ”

Ukugqitywa nokuvulwa kwendlu kaThixo

13Ngoko ke ngenxa yaloo myalelo kakumkani uDariyo, uTatenayi umlawuli wakwelentshona ye-Efrati noSheta-bhozenayi kunye namahlakani abo bawufezekisa ngenyameko loo mthetho.

14Ke amadoda amakhulu amaJuda aqhubela phambili ekwakheni, aba nenkqubela ephenjelelwa ziintshumayelo zomshumayeli uHagayi noZakariya umzukulwana kaIdo. Bagqiba ke ukuyakha indlu leyo, ngokomyalelo kaThixo kaSirayeli ndawonye nemiyalelo kaKoreshi, uDariyo noAtashasta ookumkani basePeshiya.

© 1996 Bible Society of South Africa.

15Ke indlu kaThixo yagqitywa ngomhla wesithathu kwinyanga uAdare,
ngonyaka wesithandathu wolawulo lukakumkani uDariyo.

16Ke amaSirayeli, ababingeleli, abaLevi, nabo bonke ababuyileyo
ekuthinjweni, benza itheko lokubhiyozela ukuvulwa kwendlu kaThixo,
bonwabile.

17Ekuvulweni kwendlu kaThixo banikela ngekhulu leenkunzi zeenkomo,
amakhulu amabini eenkunzi zeegusha, amaxhwane angamaduna
angamakhulu amane, ngokunjalo neshumi elinambini leebhokhwe
ezingamaduna zedini lesono ngenxa kaSirayeli ephela – ibhokhwe enye
kwindlu nganye kaSirayeli.

18Bamisela ababingeleli ngokwezindlu zabo, nabaLevi ngokwamaqela abo,
ukuze benze umsebenzi kaThixo eJerusalem, ngokomyalelo obhalwe
kwincwadi kaMosis.

IPasika

19Ke kaloku ngomhla weshumi elinesine kwinyanga yokuqala abathinjwa
ababuyileyo bayibhiyozela iPasika.

20Ababingeleli kunye nabaLevi babezihlambulule befanelekile. AbaLevi
babaxhelela ixhwane lePasika bonke abathinjwa ababuyileyo; ngokunjalo
namawabo ababingeleli, nabo ngokwabo bazixhelela.

21Ngoko ke onke amaSirayeli abuyileyo alitya, ndawonye nabo bonke
ababezahlule kwimikhwa engcolileyo yeentlanga ababemelene nazo, ukuze
bafune uNdikhoyo uThixo kaSirayeli.

22Yaba ziintsuku ezisixhenxe belibhiyozela ngemihlali iTheko leSonka
esingaNyuswanga. Kaloku uNdikhoyo wayebathe jize ngovuyo ngokuguqula
iimbono zokumkani waseAsiriya, ukuze abancedise kumsebenzi wokwakhiwa
kwendlu kaThixo, uThixo kaSirayeli.

UEzra 7

Ukufika kukaEzra eJerusalem

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Kamva ke, ngethuba lolawulo lukakumkani wasePeshiya
uAtashasta,kwagaleleka uEzra, ephuma eBhabheli. UEzra lo wayengunyana
kaSeraya, ka-Azariya, kaHilekiya,
2kaShalum, kaZadoki, ka-Ahitubhi,
3ka-Amariya, ka-Azariya, kaMerayoti,
4kaZeraya, kaUzi, kaBhuki,
5ka-Abhishuwa, kaPineyasi, kaElazare unyana wombingeleli omkhulu uAron.
6Ke yena uEzra lo owagalelekayo ephuma eBhabheli, wayengumchazi-
mthetho ochubekileyo kwezomthetho kaMosis, mthetho lowo wakhutshwa
nguNdikhoyo uThixo kaSirayeli. Ke kaloku ukumkani wayemnike konke
awayekufuna, kuba isandla sikaNdikhoyo, uThixo wakhe, sasiphezu kwakhe.
7Ngonyaka wesixhenxe wolawulo lukakumkani uAtashasta kwabakho
namanye amaSirayeli abuyela eJerusalem, phakathi kwawo kukho
ababingeleli, abaLevi, iimvumi, abalindi-masango nezicaka zendlu kaThixo.
8UEzra wafika eJerusalem kwinyanga yesihlanu, kunyaka wesixhenxe,
wolawulo lukakumkani uAtashasta.
9Kolu hambo lwakhe waphuma eBhabheli ngomhla wokuqala kwinyanga
yokuqala, waza wagaleleka eJerusalem ngomhla wokuqala kwinyanga
yesihlanu, kuba kaloku isandla esikulunga sikaThixo wakhe sasiphezu
kwakhe.
10Kaloku uEzra wayezinikezele ekufundeni nasekuthobeleni umthetho
kaNdikhoyo, ezimisele ukufundisa amaSirayeli yonke imimiselo
nemiqathango yawo.

Ileta kakumkani eya kuEzra

11Nantsi ke ikopi yeleta eyanikwa uEzra ngukumkani uAtashasta. UEzra lo
wayengumchazi-mthetho, umfo ofundileyo ngakwimibandela yemiyalelo
nemimiselo kaNdikhoyo awayinikela uSirayeli:

© 1996 Bible Society of South Africa.

12“UAtashasta ukumkani wezikumkani, ubhalela umbingeleli uEzra,
ongumchazi-mthetho kaThixo wezulu. “Ndiyabhotisa.

13“Ngoku ndiwisa umyalelo wokuba onke amaSirayeli alapha kulo mbuso
wam, afuna ukuya nawe eJerusalem, angahamba ndawonye nababingeleli
nabaLevi.

14Wena uthunywa ngukumkani ndawonye nabacebisi bakhe abasixhenxe,
ukuba uye kuqonda ngoJuda neJerusalem malunga nomthetho kaThixo
wakho, lowo uwuphethe ngesandla.

15Ngaphezu koko ke thatha isiliva negolide engumnikelo wokuqhutywa
yintliziyo kakumkani nabacebisi bakhe, abawunika uThixo kaSirayeli ondlu
yakhe iseJerusalem.

16Uze uthathe nayo yonke isiliva negolide ongayifumanayo kweli phondo
laseBhabheli, ndawonye neminikelo yabantu nababingeleli yokuqhutywa
yintliziyo, besenzela indlu yoThixo wabo eseJerusalem.

17Ngale mali ke uze ungaphazami ukuthenga iinkunzi zeenkomo, iinkunzi
zeegusha, namaxhwane angamaduna, kananjalo ufune nezinto zeminikelo
yeenkozo naleyo ithululwayo, wenze ngazo amadini eqongeni lendlu yoThixo
wakho eJerusalem.

18“Ngeseleyo ke isiliva negolide, ungadibana namawenu amaJuda nenze loo
nto niyibona ifanelekile ngokwentando yoThixo wenu.

19Zonke izinto ozinikelweyo zonqulo kwindlu yoThixo wakho uze uzinikezele
kuThixo waseJerusalem.

20Nantoni na eyenye efunekayo kwindlu yoThixo wakho leyo kufuneka
uyikhuphile yophuma koovimba bakomkhulu.

21“Ke mna kumkani uAtashasta ndiwisa umyalelo wokuba yonke into efunwa
ngumbingeleli uEzra, umchazi-mthetho kaThixo wezulu, ize iqwalaselwe
ikhutshwe koovimba bakwelentshona ye-Efrati.

© 1996 Bible Society of South Africa.

22Ewe, angánikwa kude kuye kuma kwisiliva ebunzima buziikhilogram
ezingamawaka amathathu anamakhulu amane, nengqolowa ebunzima
buziikhilogram ezilishumi lamawaka, namawaka amabini eelitha zewayini,
namafutha omnquma aziilitha ezingamawaka amabini, ityuwa ke yona
kangangoko ifunekayo.

23Nantoni na emiselwe indlu yakhe nguThixo wezulu mayiqwalaselwe
ayenzelwe. Ngani ukuba umbuso kakumkani noonyana bakhe uyekelwe
ngengqumbo?

24Kananjalo uze uqonde ukuba akunagunya lakubiza rhafu, mnikelo,
namrhumo, kubabingeleli, abaLevi, iimvumi, abalindi-masango, nezicaka
zendlu kaThixo, okanye nomnye umntu osebenza apho endlwini kaThixo.

25“Ke wena, Ezra, ngokobulumko onabo obuphiwe nguThixo wakho, misela
oomantyi nabagwebi ukuze bajonge ucwangco kubo bonke abantu abalapho
kwelentshona ye-Efrati – bonke abawaziyo umthetho woThixo wakho. Bonke
ke abangawaziyo uze ubafundise.

26Wonke umntu ongawuthobeliyo umthetho woThixo wakho, makohlwaywe
ngokubulawa, ukugxothwa, ukuhluthwa izinto anazo, okanye ke avalelwe
entolongweni.”

27Makadunyiswe uNdikhoyo uThixo woobawo, yena wenza ukumkani
wayihlonela ngale ndlela indlu kaNdikhoyo eJerusalem,

28nothe wandenza ndamkeleka kukumkani nabacebisi bakhe, nawo onke
amaphakathi akhe aphambili. Ngenxa yokuba ke sasiphezu kwam isandla
sikaNdikhoyo uThixo wam, ndatsho ndomelela ndaqokelela amadoda
aphambili kwaSirayeli, sahamba kunye.

UEzra 8

Ababuye kunye noEzra ekuthinjweni

1Nazi iinkulu zezindlu ezabuya kunye nam, zikunye namawazo
awayebhaliswe nazo, zivela eBhabheli ngemihla kakumkani uAtashasta:

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

2Kwinzala kaPineyasi nguGershom, kwinzala kaItamare nguDaniyeli,
kwinzala kaDavide nguHatushe

3kaShekaniya; kwinzala kaParoshe nguZakariya owayenamawabo
angamadoda alikhulu elinamashumi amahlanu abhalisiweyo;

4kwinzala kaPahati-mowabhi nguEliyehunayi, unyana kaZeraya,
owayenamawabo angamadoda angamakhulu amabini;

5kwinzala kaZatu nguShekaniya, unyana kaYaziyeli, owayenamawabo
angamadoda angamakhulu amathathu;

6kwinzala ka-Adin nguEbhedi, unyana kaJonatan, owayenamawabo
angamadoda angamashumi amahlanu;

7kwinzala kaElam nguYeshaya, unyana ka-Ataliya, owayenamawabo
angamadoda angamashumi asixhenxe;

8kwinzala kaShefatiya nguZebhadiya, unyana kaMikayeli, owayenamawabo
angamadoda angamashumi asibhozo;

9kwinzala kaJowabhi nguObhadiya, unyana kaYehiyeli, owayenamawabo
angamadoda angamakhulu amabini aneshumi elinesibhozo;

10kwinzala kaBhani nguShelomiti, unyana kaYosifiya, owayenamawabo
angamadoda alikhulu elinamashumi amathandathu;

11kwinzala kaBhebhayi nguZakariya, unyana kaBhebhayi, owayenamawabo
angamadoda angamashumi amabini anesibhozo;

12kwinzala ka-Azegadi nguYohanan, unyana kaHakatan, owayenamawabo
angamadoda alikhulu elineshumi;

13kwinzala ka-Adonikam nguElifelete noJeweli noShemaya
ababengabokugqibela ukufika, benamawabo angamadoda angamashumi
amathandathu;

14kwinzala kaBhigwayi ngu-Utayi noZabhudi kunye namawabo angamadoda
angamashumi asixhenxe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Ukubuyela eJerusalem

15Ke kaloku ndabahlanganisa kumlambo oya eAhava, saza ke saxhwarha khona iintsuku zantathu. Ndithe ke ndakuqwalasela phakathi kwabantu nababingeleli ndafumanisa ukuba akukho baLevi.

16Ngoko ke ndabiza uEliyezere, uAriyeli, uShemayiya, uElinatan, uYaribhi, uElinatan, uNatan, uZakariya, noMeshulam, amadoda awayeziinkokheli, noYoyaribhi noElinatan, amadoda anolwazi.

17Ndawathuma kuIdo, inkokheli yaseKasifiya. Ndabaxelela into emaze bayithethe eKasifiya kuIdo noogxa bakhe, izicaka zendlu kaThixo, ukuze basinike abalungiseleli bendlu kaThixo wethu.

18Ngenxa yesandla esikulunga sikaThixo esasiphezu kwethu basinika uSherebhiya umfo othumakalayo, oyinzala kaMali unyana kaLevi, unyana kaSirayeli, kunye noonyana bakaSherebhiya, nabantakwabo, ishumi elinesibhozo lamadoda,

19kunye noHashabhiya, noYeshaya inzala kaMerari, nabantakwabo noonyana babo, amashumi amabini amadoda.

20Beza kunye namakhulu amabini namashumi amabini ezicaka zendlu kaThixo, bephuma kwiqela elalimiselwe nguDavide namaphakathi ukuze lincedise abaLevi. Bonke babhaliswa ngamagama.

21Khona apho ngakumlambo waseAhava ndamisela uzilo, ukuze sizithobe phambi koThixo wethu, simcele asithi jize ngohambo olukhuselekileyo, thina neentsapho zethu nako konke esinako.

22Kambe ke ndaba neentloni ukucela ukuba ukumkani asinike amajoni nabakhweli-mahashe ukuze asikhusele ezintshabeni zendlela; kaloku apho kukumkani sasithe: “Isandla esikulunga sikaThixo wethu siphezu kwabo bonke abakhangela kuye ukuze balungelwe; ke wona amandla akhe nengqumbo yakhe iyabachasa bonke abo bamlahlayo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

23Ngoko ke sazila sakhunga kuThixo wethu ngalo mbandela, waza wawuphendula umthandazo wethu.

24Ndamisela ababingeleli abaphambili abalishumi elinambini, inguSherebhiya noHashabhiya neshumi kubantakwabo.

25Ndabalinganisela umnikelo wesiliva negolide nezo zinto zazinikelwe ngukumkani, abacebisi bakhe, amaphakathi akhe, naye wonke umSirayeli owayekhona, benikelela indlu kaThixo wethu.

26Nanku ke umlinganiso wezinto endabanika zona: Isiliva: ama-22 eetoni; izitya zesiliva ezili-100: ama-70 eekhilogram; igolide: ama-3.400 eekhilogram;

27iindebe zegolide ezingama-20: isi-8 esinesiqingatha seekhilogram; iindebe zobhedu ezi-2: zazilingana neendebe zegolide ngexabiso.

28Ndathi kubo: “Nina ke ningcwalisekile kuNdikhoyo; zikwanjalo nezi zitya. Isiliva negolide zinikezelwe kuNdikhoyo uThixo wooyihlo zingumnikelo wokuqhutywa yintliziyo.

29Ngoko ke zigcineni ngenyameko nide nizifake emlinganisweni kumagumbi endlu kaNdikhoyo eJerusalem phambi kwababingeleli abaziinkokheli nabaLevi neenkulu zezindlu zakwaSirayeli.”

30Ababingeleli nabaLevi ke bayamkela isiliva negolide nezitya ezingcwele ezazifakwe emlinganisweni ziza kusiwa endlwini kaThixo eJerusalem.

31Ke kaloku ngomhla weshumi elinambini kwinyanga yokuqala sanduluka kumlambo waseAhava, sasinga eJerusalem. Isandla sikaThixo wethu saba phezu kwethu, wasikhusela ezintshabeni zethu nakwizikrelemnqa zendlela.

32Saya kufika eJerusalem, saza ke saphumla iintsuku zantathu.

33Ke kaloku ngosuku lwesine sayilinganisa isiliva negolide nezinto ezingcwele, sazinikela kuMeremoti unyana kaUriya umbingeleli endlwini kaThixo wethu. UElazare unyana kaPineyasi wayekunye naye, ngokunjalo naba baLevi: uYozabhadi unyana kaYeshuwa noNowadiya unyana kaBhinuwi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

34Yonke ke into eyayilapho yabalwa ngamanani nangobunzima, kwaza ke kwangelo thuba kwabhalwa phantsi.

35Ke kaloku abathinjwa ababuyayo benzela uThixo kaSirayeli amadini atshiswayo: ishumi elinambini leenkunzi zeenkomo ngenxa kaSirayeli ephela, iinkunzi zeegusha ezimashumi alithoba anesithandathu, namashumi asixhenxe anesixhenxe amaxhwane angamaduna, kunye neshumi elinambini leebhokhwe ezingamaduna zokwenza idini lesono. Yonke loo nto ke yayiyeyokwenzela uNdikhoyo idini elitshiswayo.

36Bayinikezela nencwadi eyayiphuma kukumkani, bayinika iirhuluneli nabalawuli bakwelentshona ye-Efrati; ke bona babancedisa abantu, bafaka igxalaba nakumsebenzi wokwakhiwa kwendlu kaThixo.

UEzra 9

Umthandazo kaEzra ngemitshato

1Ke kaloku emva kwezi zinto iinkokheli zeza kum, zathi: “AmaSirayeli la ndawonye nababingeleli nabaLevi abazahluli kwizizwe ezingabamelwana ngokubhekiselele kunqulo lwazo olungamasikizi olufana nolwamaKanana, amaHiti, amaPerezi, amaJebhusi, ama-Amon, amaMowabhi, amaJiputa, nama-Amori.

2Basuke bathatha iintombi zazo zangabafazi babo noonyana babo. Olu hlanga lulodwa baluxube nezi ntlanga zibangqongileyo. Ewe, ziinkokheli namagosa kanye ezi zihamba phambili koku kunganyaniseki.”

3Ndakuyiva le nto, ndasuka ndazikrazula iimpahla endandizinxibile, ezangaphantsi nezingaphezulu, ndazixhwitha iinwele neendevu zam, ndaza ndahlala phantsi ndimatshekile.

4Bonke ke abantu abalihlonelayo ilizwi likaThixo kaSirayeli baqokelelana ngakum ngenxa yoku kunganyaniseki kwabathinjwa. Ndahlala apho ndimangalisekile kwada kwalithuba lamadini asemalanga.

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Ngelo thuba lamadini amatshona ndaphakama kuloo ndawo yokuzithoba
kwam, nezo mpahla zam zidlaka-dlaka zinjalo, ndaza ndaguqa ngamadolo,
izandla ndaziphakamisela kuNdikhoyo uThixo wam,

6ndathandaza ndathi: “Yhoo, Thixo wam! Ndidanile, ndineentloni,
ndingenako nokubuphakamisela kuwe ubuso bam, Thixo wam. Kaloku izono
zethu zisuke zayinkabankaba esiveleleyo; ubutyala bethu sebufikelele
emazulwini.

7Ukususela kwimihla yoobawo-mkhulu kude kube kalokunje sinetyala
elikhulu. Ngenxa yobugwenxa bethu thina nookumkani bethu nababingeleli
bethu sesaba sisisulu sekrele, ukuthinjwa, ukuhluthwa izinto zethu,
nokuhlazeka ezandleni zookumkani beentlanga, njengoko kusenjalo
nanamhla.

8“Kodwa ke ngoku okwalo mzuzu, wena Ndikhoyo Thixo wethu, usibabale
ngokusishiyela amasalela, wasizinzisa nakule ndawo ingcwele. Ewe, Thixo
wethu, usenzele umnyinyiva nebuya-mbo ekuthinjweni.

9Nangona singamakhoboka, wena Thixo wethu akusilahlanga ekuthinjweni.
Izikumkani zasePeshiya uzenze zanobubele kuthi. Usithe jize ngebuya-mbo
lokuba sivuse indlu kaThixo wethu, siwavuse namabhodlo, waza ke
wasikhusela thina bakwaJuda naseJerusalem.

10“Ngoku ke, Thixo wethu, sothini kodwa xa kunje? Kaloku sisuke sayidela
imiyalelo

11owasinika ngezicaka zakho abashumayeli usithi: ‘Lo mhlaba ningena nisiya
kuma kuwo udyobhekile kukonakala kwabantu bawo. Ngemikhuba yabo
emasikizi bawutsho waphuphuma kukungcola.

12Ngoko ke nina ze ningazendiseli koonyana babo iintombi zenu, noonyana
benu bangazithathi iintombi zabo. Naphantsi kwaziphi na iimeko ningaze
niyikhuthaze intlalo nenkqubela yabo, khon' ukuze nomelele nikuxhamle
ukulunga kweli lizwe, kananjalo libe lilifa labantwana benu ngonaphakade.’

© 1996 Bible Society of South Africa.

13“Le nto isihleleyo sisiphumo sezenzo zethu ezingcolileyo, neli tyala lethu lingaka. Kodwa naxa kunjalo, wena Thixo wethu akusohlwayanga ngokwezono zethu, koko usuke wasithi jize ngala masalela.

14Singathini ke ngoku thina ukubuya siyaphule imiyalelo yakho ngokuzibandakanya ngomtshato nabantu abamikhuba imanyumnyezi kanje? Khona, ubungathini wena ukungakhathazeki ude usitshabalalise angabikho naloo masalela asindileyo?

15Ewe, wena Ndikhoyo Thixo kaSirayeli, ulunge kwaphela! Namhlanje thina sinawo amasalela. Nakuba sinobutyala sinjalo, kodwa silapha. Phofu ngenxa yeli tyala lethu akukho namnye kuthi ungemayo phambi kwakho.”

UEzra 10

Abafazi abaziintlanga bayagxothwa

1Ke kaloku ngoku athandazayo uEzra evuma izono, elila egqusha phantsi phambi kwendlu kaThixo, kwabakho isihlwele samaSirayeli esaqokelelana kuye – amadoda, abafazi, nabantwana. Babelila ngokubindeka okukhulu.

2Ke uShekaniya unyana kaYehiyeli oyinzala kaElam wathetha noEzra, wathi: “Ngokuthatha abafazi kwiintlanga esimelene nazo sonile kuThixo wethu. Kodwa nakuba kunjalo lisekho ithemba ngoSirayeli.

3Ngoku ke masenze umnqophiso noThixo wethu wokuba siza kubagxotha aba bafazi ndawonye nabantwana babo, ngokwesigqibo senkosi yam, nabo bonke abayoyikayo imithetho kaThixo wethu. Ewe, makwenzeke ngokomthetho.

4Ngoko ke phakama; lo mcimbi usezandleni zakho. Thina siza kukuxhasa. Yomelela wenze.”

5Ke kaloku waphakama uEzra, waqokelela bonke ababingeleli abaphambili nabaLevi noSirayeli ephela, wathi mabafunge ukuba baza kwenza njengoko sekuthethiwe. Basenza ke isifungo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

6Waza uEzra waphuma endlwini kaThixo, waya endlwini kaYohanan unyana kaEliyashibhi. Ngoko alapho ke wayengatyi engaseli manzi, kuba esazilele ukunganyaniseki kwabathinjwa.

7Ke kaloku kwenziwa isihlokomiso kuye wonke uJuda neJerusalem, kusithiwa abathinjwa mabahlangane eJerusalem.

8Nabani na ongezanga kwithuba leentsuku ezintathu, kwathiwa uza kuthathelwa izinto anazo. Eso ke isisigqibo samaphakathi namadoda amakhulu; umntu onjalo ke wayeza kusikwa kwibandla labathinjwa.

9Ngezo ntsuku zintathu ke onke amadoda akwaJuda nawakwaBhenjamin aqokelelana eJerusalem. Ngomhla wamashumi amabini kwinyanga yethoba bonke abantu babesebehleli kwibala eliphambi kwendlu kaThixo, bengcangcazela ngenxa yalo mbandela nangenxa yemvula.

10Umbingeleli uEzra ke waphakama wathi: “Nenze ukunganyaniseki; ityala likaSirayeli nilongezelele ngokuthatha abafazi abaziintlanga.

11Ngoko ke, sivumeni isono senu phambi koNdikhoyo uThixo wooyihlo, nenze ukuthanda kwakhe. Zahluleni kwezi ntlanga ziningqongileyo, ngokunjalo nakwaba bafazi benu baziintlanga.”

12Ke lonke ibandla laphendula likhwaza lisithi: “Unyanisile! Siza kuyenza le nto uyithethayo.

13Kambe ke sibaninzi gqitha apha, ibe ke ngoku lixesha lemvula; asinako ukuma apha phandle. Ngaphezu koko ke lo mbandela awunako ukugqitywa ngemini enye nezimbini, kuba ngenene sone sagqithisa kulo mbandela.

14Amaphakathi ethu makamele ibandla lilonke. Kwiidolophu zethu wonke umntu othathe intombi yeentlanga makamiselwe ixesha, aze eze kunye namadoda amakhulu nabagwebi bedolophu nganye, ide le ngqumbo kaThixo wethu ngalo mbandela ibe nokususwa phezu kwethu.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15Ke kaloku yaba nguJonatan unyana ka-Asayeli kunye noYazeya unyana kaTikwa, bexhaswa nguMeshulam noShabhetayi umLevi, abasichasayo eso sigqibo.

16Ngoko ke abathinjwa abo benza ngokwezo zigqibo. Umbingeleli uEzra wanyula amadoda aziinkulu zemizi, yanye kumzi ngamnye, onke ke akhankanywa ngamagama. Ngomhla wokuqala kwinyanga yeshumi bahlala phantsi, benza uphando ngalo mbandela,

17baza ke kumhla wokuqala wenyanga yokuqala bawufeza umcimbi wawo onke amadoda awayethathe abafazi abaziintlanga.

Amadoda awayethathe abafazi abaziintlanga

18Kwinzala yababingeleli naba abathathe abafazi abaziintlanga: Kwinzala kaYeshuwa kaYozadaki nabantakwabo nguMaseya noElezere noYaribhi noGedaliya.

19Bona bathembisa ukuba bobagxotha abafazi, baza banikela ngenkunzi yebhokhwe ngenxa yetyala labo.

20Kwinzala kaImere nguHanani noZebhadiya.

21Kwinzala kaHarim nguMaseya noEliya noShemaya noYehiyeli noUziya.

22Kwinzala kaPashure nguEliyohenayi noMaseya noIshmayeli noNataniyeli noYozabhadi noElasa.

23KubaLevi nguYozabhadi noShimeyi noKelaya, lo ugama limbi linguKelita, noPetaya noJuda noElizere.

24Kwiimvumi nguEliyashibhi. Kubagcini-masango nguShalum noTelem noUri.

25Kwamanye amaSirayeli ngâba: Kwinzala kaParoshe nguRamiya, noIziya noMalekiya noMiyamin noElazare noMalekiya noBhenaya.

26Kwinzala kaElam nguMataniya noZakariya noYehiyeli noAbhedi noJeremoti noEliya.

© 1996 Bible Society of South Africa.

27Kwinzala kaZatu nguEliyohenayi noEliyashibhi noMataniya noJeremoti noZabhadi noAziza.

28Kwinzala kaBhebhayi nguYohanan noHananiya noZabhayi noAtelayi.

29Kwinzala kaBhani nguMeshulam noMaluki noAdaya noYashubhi noSheyali noJeremoti.

30Kwinzala kaPahati-mowabhi nguAdena noKelali noBhenaya noMaseya noMataniya noBhezaleli noBhinuwi noManase.

31Kwinzala kaHiram nguElizere noIshiya noMalekiya noShemaya noSimon

32noBhenjamin noMaluki noShemariya.

33Kwinzala kaHashum nguMatenayi noMatata noZabhadi noElifelete noJeremayi noManase noShimeyi.

34Kwinzala kaBhani nguMadayi noAmram noUweli

35noBhenaya noBhedeya noKeluwi

36noVaniya noMeremoti noEliyashibhi

37noMataniya noMatenayi noYayasu.

38KwekaBhinuwi nguShimeyi

39noShelemiya noNatan noAdaya

40noManadebhayi noShashayi noSharayi

41noAzarele noShelemiya noShemeriya

42noShalum noAmariya noJosefu.

43Kwinzala kaNebho nguYehiyeli noMatitiya noZabhadi noZebhina noYadayi noJoweli noBhenaya.

44Bonke abo babethathe abafazi abaziintlanga. Kwaba bafazi bekukho ababezele oonyana.

© 1996 Bible Society of South Africa.

UNehemiya

UNehemiya 1

Ixhala likaNehemiya ngeJerusalem

1Nali ibali likaNehemiya unyana kaHakaliya. Kunyaka wamashumi amabini
kwinyanga uKislevu, ndathi ndikomkhulu eSusa,

2kwafika uHanani omnye kumawethu, evela kwelakwaJuda namanye
amadoda. Ndabancina ngemibuzo, ndifuna ukuqonda ngemeko yamaJuda
abhungcileyo ekuthinjweni, nangobume beJerusalem.

3Bandiphendula bathi: “Abo basindileyo, baza babuya ekuthinjweni, bakho
phaya kwiphondo lakwaJuda, kambe bakwinkxwaleko enkulu nasehlazweni.
Iindonga zeJerusalem ziwile, namasango ayo atshiswe ngomlilo.”

4Ndithe ke ndakuziva ezi zinto ndahlala phantsi ndalila. Yaba ziintsuku
ndizilile, ndingatyi, koko ndithandaza uThixo wamazulu.

5Ndasuka ndathi: “Camagu, Ndikhoyo, Thixo wamazulu, ngangalala yoThixo
owoyikekayo owugcinayo umnqophiso wakho wentembeko kwabo
bakuthandayo, beyithobela imiyalelo yakho!

6Khawubek' iindlebe, uvul' amehlo akho, ukuze uwuve umthandazo
owenziwa sisicaka sakho phambi kwakho umhla nezolo, ngenxa yezicaka
zakho amaSirayeli. Ndiyavuma, mna kunye nendlu kabawo, ndawonye
namaSirayeli, sikonile.

7Inkulu inkohlakalo esiyenzileyo kuwe; asiyithobelanga imiyalelo nemimiselo
nemithetho owayinikezela kwisicaka sakho uMosis.

8“Khawusikhumbule isiyalo owasinika isicaka sakho uMosis, usithi: ‘Xa nithe
ananyaniseka ndiya kunichitha-chitha phakathi kwezizwe,

9kodwa ukuba nithe nabuyela kum, nayithobela imiyalelo yam, bothi noba
sebechithakele beseziphelweni zomhlaba abantu bakowenu, ndibaqokelele
khona apho, ndibabuyisele kule ndawo ndayinyulayo ukuze lihlale kuyo
igama lam.’

© 1996 Bible Society of South Africa.

10“Bazizicaka nabantu bakho owabakhulula ngaloo mandla nobo
bungangamsha besandla sakho.

11Khawubek' iindlebe, Nkosi yam, uwuve umthandazo wesicaka sakho esi,
ndawonye nowezo zicaka zakho zikulangazelela ngentlonelo. Namhlanje
khawusiphumelelise isicaka sakho, usenze samkeleke kulo mfo.” Ngelo thuba
ke ndandiyinjoli kakumkani.

UNehemiya 2

UNehemiya uthunyelwa eJerusalem

1Ngenyanga uNisan kunyaka wamashumi amabini kakumkani
uAtashasta, ngethuba lokunikwa kwakhe iwayini, ndayithatha iwayini leyo
ndamnika. Ukumkani wayengazange andibone ndilusizi ngaphambili,

2ngoko ke ukumkani wathi kum: “Ungaguli nje, ngani ke ukuba
bunxunguphale kangaka ubuso bakho? Makube ikho into ekuhluphayo
entliziyweni.” Ndasuka ndoyika,

3kodwa ndathi kukumkani: “Phil' ud' ukhokhobe, kumkani! Bebungathini
ubuso bam ukungathi rhubaxa xa isixeko abângcwatywa kuso oobawo
singamabhodlo, amasango aso etshatyalaliswe ngomlilo?”

4Ukumkani wathi kum: “Yintoni ke oyifunayo?” Ndathandaza uThixo
wamazulu,

5ndaza ke ndathi kukumkani: “Xa kukholekile kuwe, kumkani, nesicaka
sakho esi sisamkeleka kuwe, ndithume kwelakwaJuda kwisixeko
abângcwatywa kuso oobawo, ukuze ndisivuse.”

6Ke ukumkani, enokumkanikazi ecaleni kwakhe, wathi kum: “Loba ngakanani
olo hambo; khona, uya kubuya nini?” Kwakholeka ke kukumkani
ukundikhulula, ndaza ke ndammisela ixesha.

7Kananjalo ndathi kuye: “Ukuba uyakholwa, kumkani, uze undinike iileta
eziya kubalawuli belentshona ye-Efrati, ukuze bangandithinteli ukudlulela
kwelakwaJuda.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Uze undiphathise neleta eya kuAsafu umgcini-mahlathi okumkani, ukuze andinike imithi yokwenza imiqadi yamasango enqaba ekufuphi nendlu kaThixo, neyokwakha iindonga zesixeko, ndawonye nendawo yam yokuhlala.” Ngenxa yesandla esikulunga sikaThixo wam esasiphezu kwam ukumkani wazamkela zonke ezo zicelo zam.

9Ndaya ke kubalawuli belentshona ye-Efrati, ndabanika ezo leta zazivela kukumkani. Kananjalo ke ukumkani wayendikhuphele namagosa omkhosi, namajoni amahashe.

10USanebhalati umHoron, noTobhiya igosa lom-Amon, bathe bakuyiva le nto, suka bakhathazeka yinto yokuba kubekho umntu oze kuphuhlisa intlalo-ntle yamaSirayeli.

UNehemiya uhlola iindonga zeJerusalem

11Ndaya eJerusalem, ndaza emva kweentsuku ezintathu

12ndaphuma ngobusuku ndinebathwana lamadoda. Zange ndixelele mntu ngento uThixo wam ayibeke entliziyweni yam ukuba ndiyenzele iJerusalem. Kwakungekho nazinto zokukhwela ngaphandle kwaleyo ndandikhwele kuyo.

13Ngobusuku njalo ndaphuma ngeSango leNtili, ndaya ngakwiQula likaDyakalashe neSango lobuLongwe, ndazihlola ezo ndonga zidilikileyo naloo masango atshiswe ngomlilo.

14Ndadlulela kwiSango loMthombo neQula loKumkani; kambe ke andibanga nako ukudlula khona ndikhwele.

15Ewe, intili ndayinyuka ngobusuku ndizihlola iindonga. Ndaza ke ndajika, ndangena ngeSango leNtili.

16Abaphathi babengandazi apho ndiye khona nento endandiyenza, kuba ndandingekathethi nto kumaJuda, nababingeleli, nezikhulu, nabaphathi, nabanye ababeza kusebenza.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Ndaza ndathi kubo: “Ngaba niyayibona na le nkxwaleko sikuyo? IJerusalem
ingamabhodlo; amasango ayo atshiswe ngomlilo. Ngoko ke yizani sizivuse
iindonga zeJerusalem, ukuze siphume ehlazweni.”

18Kananjalo ndabaxelela ngesandla esikulunga sikaThixo wam ebesiphezu
kwam, ngokunjalo namazwi athethwe ngukumkani kum. Baphendula ke
bathi: “Masiqalise ukwakha.” Baqalisa ke ukuwenza loo msebenzi mhle.

19Kambe ke uSanebhalati umHoron, noTobhiya igosa lom-Amon, noGeshem
um-Arabhu, bakuyiva loo nto, basuka baphoxisa bahlekisa ngathi, besithi:
“Yintoni le niyenzayo? Nizama ukuvukelana nokumkani?”

20Ndabaphendula ndathi: “UThixo wamazulu uza kusiphumelelisa. Thina
zicaka zakhe siza kuqalisa ukwakha; kambe ke nina aninasabelo eJerusalem,
ningenalo nalubango; nangokwasezimbalini aninalungelo kuyo.”

UNehemiya 3

Abakhi bodonga

1Ke umbingeleli omkhulu uEliyashibhi kunye noogxa bakhe ababingeleli
bahamba baya kwakha iSango leeGusha. Balinikezela, bawabuyisela
namasango, bakha baya kuthi xhaxhe ngeNqaba yeKhulu abayinikezelayo,
baqhuba bema ngeNqaba kaHananeli.

2Amadoda aseJeriko ayesakha kufuphi nabo, ngakuwo kusakha uZakure
unyana kaImri.

3ISango leeNtlanzi lona lakhiwa ngoonyana bakaHasena. Bayigxumeka
imiqadi, bazifaka iingcango zalo, neziqhobosho nemivalo.

4UMeremoti, unyana kaUriya, kaHakoze, walungisa umgama olandelayo. Ke
yena wayelandelwa nguMeshulam unyana kaBherekiya kaMeshezabheli,
owayelandelwa nguZadoki unyana kaBhana, xa bebonke besakha.

5Umgama olandelayo wawusakhiwa ngamadoda aseTekowa, nto nje izikhulu
zawo zazingafuni kufaka gxalaba kuloo msebenzi phantsi komphathi wazo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

6UJoyada unyana kaPaseya noMeshulam unyana kaBhesodiya balungisa iSango eliDala. Bayigxumeka imiqadi, bazifaka iingcango neziqhobosho nemivalo.

7Kufuphi nabo kwakusebenza amadoda aseGibheyon naseMizpa, uMelatiya waseGibheyon noYadon waseMeronoti, ndawo ezo zaziphantsi komlawuli wakwelentshona ye-Efrati.

8U-Uziyeli unyana kaHarehaya omnye weengcibi zegolide wayelungisa umgama olandelayo. Ke yena uHananiya, omnye wabenzi-ziqholo, wayesebenza loo mgama ulandelayo. Iindonga zeJerusalem bazilungisa bema ngoDonga oluBanzi.

9URefaya unyana kaYuri, umlawuli wesiqingatha seJerusalem, wayelungisa umgama olandelayo.

10UYedaya unyana kaHarumafi wayelungisa iindawo ekufuphi nendlu yakhe, kufuphi naye inguHatushe unyana kaHashabheniya.

11UMalekiya unyana kaHarim noHashubhi unyana kaPahati-mowabhi babelungisa enye indawo kunye neNqaba yamaZiko.

12Ke yena uShalum unyana kaHaloheshe umlawuli wesiqingatha seJerusalem wayelungisa umgama olandelayo ekunye neentombi zakhe.

13ISango leNtili lalilungiswa nguHanum kunye nabemi baseZanowa. Balakha balifaka iingcango neziqhobosho nemivalo. Kananjalo balungisa umgama oziimitha ezimakhulu mane anamashumi amahlanu kudonga olo, bema ngeSango lobuLongwe.

14ISango lobuLongwe lalungiswa nguMalkiya unyana kaRekabhi, umphathi wesithili saseBhete-kerem. Walifaka iingcango neziqhobosho nemivalo.

15UShalum unyana kaKolihoze, umlawuli weMizpa, walungisa iSango loMthombo. Walifulela, walifaka iingcango neziqhobosho nemivalo. Walungisa nodonga lweQula laseShela ngakuMyezo kaKumkani, wee xhaxhe ngezinyuko zendlela ehla iphuma kwisiXeko sikaDavide.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Ngaphaya kwakhe yayinguNehemiya unyana ka-Azebhuki, umlawuli wesiqingatha seBhete-zure. Walungisa wada wajongana namangcwaba akwaDavide, wee xhaxhe ngequla elakhiweyo nendlu yabalindi.

17Ngakuye ke kwakusebenza abaLevi abaphantsi koRehum unyana kaBhani, kwalandela uHashabhiya umlawuli wesiqingatha seKehila, emele isithili sakhe.

18Kufuphi naye kwakusebenza amawabo aphantsi koBhawayi unyana kaHenadadi umlawuli wesinye isiqingatha seKehila.

19Kwakulandela uEzere unyana kaYeshuwa umlawuli weMizpa, elungisa enye indawo ukusukela ekunyukeni kwidolo eliya kwiNqaba yeziXhobo.

20Wayelandelwa nguBharuki unyana kaZabhayi esebenza ngenyameko kwenye indawo ukusuka edolweni ukuya esangweni lendlu yombingeleli omkhulu uEliyashibhi.

21Kufuphi naye yayinguMeremoti unyana kaUriya, kaHakozi, elungisa omnye umgama osukela esangweni lendlu kaEliyashibhi kuye ekupheleni kwayo.

22Ngakuye apho kwakusebenza ababingeleli bommandla obangqongileyo.

23Ngaphaya kwabo kwakulungisa uBhenjamin noHashubhi phambi kwendlu yabo, belandelwa nguAzariya unyana kaMaseya, ka-Ananiya, elungisa ngasendlwini yakhe.

24Ngakuye yayinguBhinuwi unyana kaHenadadi elungisa enye indawo esukela kwindlu ka-Azariya ukuya edolweni nakuyo ikona.

25UPalali unyana kaUzayi wayesebenza malunga nedolo nenqaba evelele amantla ebhotwe kufuphi nenkundla yabalindi. Kufuphi naye yayinguPedaya unyana kaParoshe

26kunye nezicaka zendlu kaThixo ezazihlala kwinduli iOfeli, zalungisa zaya kuma ngakwiSango laManzi ngasempuma nakwinqaba eveleleyo.

27Ngakubo yayingamadoda aseTekowa elungisa enye indawo ukusukela ngakuloo nqaba iveleleyo ukuya kudonga lweOfeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

28Phezu kweSango lamaHashe ababingeleli babelungisa elowo phambi kwendlu yakhe.

29Balandelwa nguZadoki unyana kaImere esebenza malunga nendlu yakhe. Ngakuye yayinguShemaya unyana kaShekaniya, umlindi wesango elisempuma, naye evusa udonga.

30Wayelandelwa nguHananiya unyana kaShelemiya noHanun unyana wesithandathu kaZalafi belungisa enye indawo. Ngakubo yayinguMeshulam unyana kaBherekiya esakha malunga nendawo awayehlala kuyo,

31kufuphi naye inguMalkija, enye yeengcibi zegolide. Yena walungisa wee xhaxhe ngendlu yezicaka zikaThixo neyabarhwebi, malunga neSango labaHloli, wema ngegumbi eliphezu kwekona.

32Phakathi kwegumbi eliphezu kwekona neSango leeGusha kwakulungisa iingcibi zegolide nabarhwebi.

UNehemiya 4

Inkcaso ekwakheni

1Akuva ukuba siyalwakha udonga uSanebhalati wachukumiseka wakhathazeka gqitha. Waphoxisa ngawo amaJuda,

2ethetha bekho noogxa bakhe nomkhosi waseSamariya. Wayesithi: “Zenza ntoni ezi ngcekengceke zamaJuda? Athi angaluvusa na olu donga lwawo? Ngaba aza kwenza amadini, asuke agqibe ukwakha udonga ngemini enye? Ngaba oba nako ukuwenza asebenziseke la matye akwezaa ngqumba zenkunkuma, lawa atshileyo?”

3Ke uTobhiya umAmon owayesecaleni kwakhe wathi: “Iyintoni yona khona le bayakhayo? Kolu donga lwabo lwamatye kungathi kuqabele impungutye lusuke luwe!”

4Khawuve usivelele, Thixo wethu, kuba sideliwe. Izishwabulo zabo zibuyisele kwaphezu kwabo. Banikezele babe ngamaxhoba kwilizwe lokuthinjwa.

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Ungalingcwabi ityala labo, nezono zabo ungazisusi emehlweni akho. Kaloku
bona babagibisele ngezithuko abakhi.

6Ngoko ke saqhuba salwakha udonga lwada lwasisiqingatha ukuphakama.
Kaloku abantu babesebenza ngokuzinikela.

7USanebhalati, uTobhiya, ama-Arabhu, ama-Amon, namadoda aseAshdode,
bathi bakuva ukuba umsebenzi wokuvusa iindonga zeJerusalem uqhubele
phambili, zaye nezikhewu zivaliwe, basuka bakhathazeka gqitha.

8Badibana bonke, benza iyelenqe lokuza kulwa neJerusalem, badale isiphithi-
phithi.

9Kambe ke sakhunga kuThixo wethu, samisa abalindi ukujongana nabo imini
nobusuku.

10Ke bona abantu bakwaJuda bathi: “Abasebenzi bayaphelelwa ngamandla
ngoku, ibe yona inkunkuma ininzi kangangokuba singabi nako ukuqhubela
phambili silwakhe udonga.”

11Neentshaba zethu zathi: “Bothi bengekasiqondi okanye basibone, sibe
sesiphakathi kwabo, sibaqwakanise bafe, ume lo msebenzi.”

12Ke amaJuda awayemelene nazo ezi ntshaba eza kaninzi-ninzi kuthi
esixelela esithi: “Noba ningathini na ziza kusihlasela.”

13Ngoko ke ndamisa abantu emva kwezona ndawo zimfutshane apho
eludongeni, iindawo ezisesichengeni, ndabamisa ngokwemizi, bexhobe
ngamakrele, imikhonto, neentolo.

14Emva kokuba ndikhe ndaqwalasela ndajonga, ndasuka ndathetha
nezikhulu, namagosa, nabanye abantu, ndathi: “Musani ukuboyika;
khumbulani iNkosi, ingangalala eyoyikekayo, nibalwele abantakwenu,
oonyana neentombi, abafazi namakhaya enu.”

15Iintshaba zethu zeva ukuba siyaliqonda iyelenqe lazo nokudodotyaliswa
kwalo nguThixo; saza ke thina sonke yangulowo nalowo wabuyela
emsebenzini wakhe eludongeni.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Ukusuka loo mini ke isiqingatha samadoda am saba semsebenzini, sabe ke esinye sixhobe sif' amacala ngoomikhonto, oomakhaka, oozintolo, nezikhuselo. Amagosa ke ema emva kwabo bonke abantu bakwaJuda

17ababesakha udonga. Abathwala iimpahla zokwakha, babesebenza ngesandla esinye, esinye siphethe izixhobo;

18umakhi ngamnye wayenxule ikrele lakhe ecaleni ngoku asebenzayo. Ke indoda evuthela isigodlo yayisoloko ikunye nam.

19Ke kaloku ndathetha nezikhulu, namagosa, nabantu ngokubanzi, ndathi: “Lo msebenzi wethu ubanzi, uthe xakalala, saye ke thina sahluka-hlukene ekusebenzeni eludongeni apha.

20Ngoko ke, nanini na nisiva isandi sesigodlo, khawulezani nize kuthi kuloo ndawo. UThixo wethu uza kusilwela.”

21Ngoko ke saqhuba sisebenza ngesiqingatha samadoda aphethe imikhonto ukusukela xa kuthi qheke ukusa kude kube lungcwalazi.

22Ngelo thuba ke ndathi ebantwini: “Umakhi ngamnye enomncedisi wakhe ebusuku makalale phakathi eJerusalem, khon' ukuze abe ngumlindi wayo, ze ke emini abe ngumakhi.”

23Mna namawethu, namadoda angabalindi, sasingazikhululi iimpahla esizinxibileyo; sasihlala sigaxele izikhali noba siya kukha amanzi.

UNehemiya 5

UNehemiya usiza amahlwempu

1Ngoku ke amadoda nabafazi bawo benza isimbonono bekhalazela amawabo angamaJuda.

2Abanye babesithi: “Thina noonyana neentombi zethu sibaninzi; ngoko ke ukuze sibe nokutya siphile kufuneka sikufumane ukudla.”

3Abanye ke babesithi: “Sibambise ngamasimi ethu, nezidiliya, namakhaya, ukuze sizuze ukudla ngethuba lendlala.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Kwakukho nabathi: “Siboleke imali ukuze sibe nokuhlawula irhafu
yakomkhulu ngenxa yamasimi nezidiliya zethu,

5kodwa nangona sibanye ngegazi namawethu la, futhi oonyana bethu befana
nababo, kodwa thina oonyana neentombi zethu bazizisulu zobukhoboka.
Ezinye kwiintombi zethu sezingene ebukhobokeni; ke thina asinakwenza nto,
kuba amasimi nezidiliya zethu zathathwa zanikwa bantu bambi.”

6Ndithe ke ndakusiva esi simbonono sabo, ndawonye nezityholo zabo,
ndasuka ndacaphuka kakhulu.

7Ndawetyisa engqondweni lo mcimbi, ndaza ke ndazikhalazela izikhulu
namagosa, ndathi: “Nicinezela amawenu ngokutsala ingeniso
kwakuwo!” Ngoko ke ndabiza imbizo ukuze ichophele lo mbandela wabo,

8ndathi: “Senze unako-nako sawakhulula ngokuwathenga amawethu
angamaJuda awayethengiswe kwiintlanga. Ngoku ke nina nithengisa ngabo
abantakwenu, nisenzela ukuba baphinde bathengiswe kwakuthi.” Kwathi
cwaka ke, kuba babengenayo indlela yokuziphendulela.

9Ndaqhuba ndathi: “Le nto niyenzayo ayilunganga. Ngani ukuba
ningamhloneli uThixo, khon' ukuze niziphephe izinyeliso zeentlanga
eziziintshaba zethu?

10Mna nabantakwethu namadoda akwam siyababoleka abantu imali nokudla.
Ngoko ke masiyeke ukubaxhaphaza sizuze ingeniso.

11Khanibabuyisele kwanamhlanje amasimi, izidiliya, izinquma, nezindlu
zabo, ngokunjalo nala matyala banibamba wona: isahlulo sekhulu semali,
ingqolowa, iwayini, kunye namafutha omnquma.”

12Ke bona bathi: “Siza kubabuyisela; futhi asisayi kubuya sibahlawulise nto
ngaphezulu. Siza kwenza ngokokuthetha kwakho.” Ndaza ke ndabiza
ababingeleli, zona izikhulu, namagosa, ndathi mabafunge ukuba baza
kusifezekisa isithembiso sabo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Ndawuvuthulula umnweba wam ndisithi: “Ngamana wenjenje uThixo
ukuyivuthulula indlu yakhe, kunye naye nabani na onezinto, ongavumiyo
ukusifezekisa esi sithembiso. Umntu onjalo makavuthululwe ashiywe
eyimpula kalujaca!” Ndithe ke ndakutsho, ibandla lonke lathelela lathi: “
Amen,” lamdumisa uNdikhoyo. Ngenene ke abantu benza ngokwesithembiso
sabo.

14Ngaphezu koko ke, ukusukela kunyaka wamashumi amabini kakumkani
uAtashasta, ekumiselweni kwam ukuba ndibe ngumlawuli welakwaJuda,
yada yangunyaka wakhe wamashumi mathathu anambini – ishumi
elinambini leminyaka emva koko – mna ndawonye namawethu asizange
sikutye ukutya okwakusisabelo somlawuli.

15Kambe ke bona abalawuli abandandulelayo, babemisela abantu uxanduva
lomthwalo oyisiliva ebunzima busisahlulo sesihlanu sekhilogram ukongeza
ukutya newayini ababeyikhupha. Nabancedisi babo babebaxhaphaza abantu.
Kodwa ke mna ngenxa yokuhlonela uThixo andiyenzanga loo nto.

16Ndaweni yaloo nto mna ndazinikela ekwakheni udonga. Onke amadoda am
ayehlanganela ukusebenza; asizange sizifunele mhlaba.

17Kananjalo ke mna ndandisitya namaJuda alikhulu elinamashumi amahlanu,
kunye nabaphathiswa ndawonye nâbo babeze kuthi besuka kwizizwe
ezisingqongileyo.

18Ngemini nganye ndandilungiselelwa inkabi yenkomo, iigusha ezintandathu
ezikhethiweyo, neenkuku; kuze ke njalo ngeshumi leentsuku ndinikwe iindidi
zonke zewayini ibe ninzi. Nakuba kunjalo ke, mna andizange ndikubize
ukutya okusisabelo somlawuli, kuba ezi ndleko zaziluxanduva phezu
kwabantu.

19Ndikhumbule undazelele, Thixo wam, kuzo zonke izinto endizenzele aba
bantu.

UNehemiya 6

Ukwakha kusachaswa

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Ke kaloku kwavakala kuSanebhalati, uTobhiya, noGeshem umArabhu, nezinye ke iintshaba zethu, ukuba ndibuye ndalwakha udonga, akwasala nasinye isikhewu, nangona ukuza kuthi gaa kwelo thuba ndandingekazifaki iingcango zamasango.

2Ke uSanebhalati noGeshem bandithumelela umyalezo othi: “Khawufike sidibane kwenye yeedolophana kumathafa aseOno.” Kambe ke babesenza iyelenqe lokundenzakalisa.

3Ngoko ke ndabathumelela izigidimi ndisithi: “Ndenza umsebenzi omkhulu apha, ngoko ke andinako ukuwuyeka ndize kuni. Ngani ukuba ume umsebenzi ndilibele kukuza kuni?”

4Lo myalelo bawuthumela kane kum, mna ke ezo zihlandlo zozine ndawuphendula kwangaloo mpendulo inye.

5Kwisihlandlo sesihlanu ke uSanebhalati wathumela ihlakani lakhe eliphethe kwalo myalezo mnye uyileta engavalwanga

6ebhalwe ngolu hlobo: “Kukho ingxelo eyaziwayo phakathi kwezizwe – yaye ke uGeshem uthi iyinyaniso. Kuthiwa wena ndawonye namaJuda niceba uvukelo; kungeso sizathu nivusa olu donga nje. Ngaphezu koko ke ngokwale ngxelo wena uzimisele ukuba ngukumkani wawo,

7kangangokuba sowude wamisela abashumayeli ukuze benze isihlokomiso ngawe apha eJerusalem, bathi: ‘Ukho ukumkani welakwaJuda!’ Le ngxelo ke iza kufikelela kukumkani; ngoko ke wena yiza ukuze sithetha-thethane.”

8Ndamthumelela le mpendulo ke, ndathi: “Ayikho into enjengale uyithethayo; kuphela wena uyikha entloko le nto uyithethayo.”

9Ewe, babezama ukusoyikisa besithi: “Baza kutyhafa ukuze umsebenzi bawuyeke ungagqitywanga.” Kambe ke ndathandaza ndathi: “Thixo wethu, zomeleze izandla zam!”

10Ngenye imini ndaya endlwini kaShemaya unyana kaDelaya kaMetabheli owayezivalele emzini wakhe. Waza ke wathi: “Masiye kuhlangana endlwini

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

kaThixo, singene ngaphakathi, sivale iingcango, kuba kukho abantu abafuna ukukubulala; ewe, baza kukubulala ngobusuku.”

11Kambe ke ndathi apho kuye: “Uthi ingaze ibaleke indoda enjengam nje? Okanye ke uthi ndingade ndiye kungena endlwini kaThixo ukusindisa ubomi bam? Hayi bo! Andiy' apho!”

12Ewe, ndayiqonda into yokuba akathunywanga nguThixo, koko undishumayeza ezi zinto kuba ethengwe nguTobhiya noSanebhalati.

13Wayethengwe ukuze andigrogrise, khon' ukuze ngale nto ndenze isono, bona ke banditshabhise ngegama elibi.

14Awu, Thixo wam, uze ubakhumbule ooTobhiya noSanebhalati ngale nto bayenzileyo; ungamlibali nomshumayelikazi uNowadiya nabo bonke abashumayeli abazama ukundigrogrisa.

Ukugqitywa kodonga

15Ke lona udonga lwagqitywa ngomhla wamashumi amabini anantlanu wenyanga uEluli, emva kweentsuku ezingamashumi amahlanu anambini lwaqalwayo.

16Zithe ke iintshaba zethu zakuziva ezi ndaba, ndawonye nezizwe ezingabamelwana ezazibona ngamehlo, suka zaphelelwa kukuzithemba kwazo, kuba kaloku ziqonda ukuba lo msebenzi wenziwe ngoncedo lukaThixo wethu.

17Ngaloo mihla ke izikhulu zakwaJuda zazithumela intaphane yeeleta kuTobhiya; neempendulo ke zazithululeka ukungena zivela kuTobhiya.

18Kaloku amaJuda amaninzi ayenqophisene naye, njengoko wayengumkhwenyana kaShekaniya unyana ka-Ara, unyana wakhe uYohanan ethathe intombi kaMeshulam unyana kaBherekiya.

19Ngaphezu koko kaloku babengoosiputsu abandinika ingxelo yemisebenzi yakhe emihle, bandule ke ukuya kumxelela loo nto ndiyithethileyo mna. Ke yena uTobhiya wayendithumelela iileta zokundigrogrisa.

© 1996 Bible Society of South Africa.

UNehemiya 7

1Emva kokugqitywa kodonga ndafakela iingcango ezindaweni zazo, kwaza
kwamiselwa abalindi-masango, iimvumi, nabaLevi.

2Ndamisela umntakwethu uHanani ukuba avelele iJerusalem, ekunye
noHananiya ingqwayi-ngqwayi yenqaba, kuba wayengumfo onentembeko,
uThixo emhlonela ngaphezu koninzi lwabantu.

3Kubo ke ndathi: “Makangavulwa amasango aseJerusalem ide ibe seyiqinile
imini. Ngethuba besekhona abalindi-masango mabawavale mba amasango
ngemivalo. Kananjalo miselani abemi baseJerusalem babe ngabalindi; abanye
kwiindawo ezithile, abanye ke kufuphi nezindlu zabo.”

Uludwe lwabathinjwa ababuyileyo

4Ke kaloku isixeko esi sasisikhulu sithe gabalala, kodwa bembalwa abantu
ngaphakathi, nezindlu ke zingekakhiwa.

5Ngoku ke uThixo wam wathetha nam, ndaza ke ndaziqokelela izikhulu,
amaphakathi noluntu luphela, ndamisela ukuba bonke babhalwe ngokwemizi
yabo. Ndalufumana uludwe lwemilibo yokuzalwa kwâbo babebuye kuqala.
Ke lona lwalumi ngolu hlobo:

6Naba ke abantu beli phondo ababuyileyo ekuthinjweni ababethinjwe
ngukumkani uNabhukadenezare waseBhabheli. Babuyela eJerusalem
nakwaJuda, yangulowo nalowo waphindela kwidolophu yakowabo,

7ndawonye noZerubhabheli, uYeshuwa, uNehemiya, uAzariya, uRamiya,
uNamani, uModekayi, uBhileshan, uMisperete, uBhigwayi, uNehum noBhana.
Nalu ke uludwe lwamanani amadoda akwaSirayeli awabuyayo ekuthinjweni:

8inzala kaParoshe, 2.172

9inzala kaShefatiya, 372

10inzala ka-Ara, 652

11inzala kaPahati-mowabhi ngomlibo kaYeshuwa noJowabhi, 2.818

12inzala kaElam, 1.254

© 1996 Bible Society of South Africa.

[13]inzala kaZatu, 845

[14]inzala kaZakayi, 760

[15]inzala kaBhinuwi, 648

[16]inzala kaBhebhayi, 628

[17]inzala ka-Azegadi, 2.322

[18]inzala ka-Adonikam, 667

[19]inzala kaBhigwayi, 2.067

[20]inzala ka-Adin, 655

[21]inzala ka-Atere ngomlibo kaHezekiya, 98

[22]inzala kaHashum, 328

[23]inzala kaBhezayi, 324

[24]inzala kaHarifi, 112

[25]inzala kaGibheyon, 95

[26]amadoda aseBhetelehem naseNetofa, 188

[27]amadoda aseAnatoti, 128

[28]amadoda aseBhete-azemavete, 42

[29]amadoda aseKiriyati-yarim naseKefira naseBheroti, 743

[30]amadoda aseRama naseGabha, 621

[31]amadoda aseMikmas, 122

[32]amadoda aseBhetele naseAyi, 123

[33]amadoda enye iNebho, 52

[34]amadoda enye iElam, 1.254

[35]amadoda aseHarim, 320

[36]amadoda aseJeriko, 345

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

37amadoda aseLodi naseHadide naseOno, 721

38amadoda aseSena, 3.930

39Nalu uludwe lwababingeleli ababuyileyo ekuthinjweni: inzala kaYedaya wendlu kaYeshuwa, 973

40inzala kaImere, 1.052

41inzala kaPashure, 1.247

42inzala kaHarim, 1.017

43Nalu uludwe lwabaLevi ababuyileyo ekuthinjweni: inzala kaYeshuwa noKademiyeli bendlu kaHodeva, 74

44iimvumi zenzala ka-Asafu, 148

45abagcini-masango benzala kaShalum, noAtere, noTalmon, noAkubhi, noHatita, kwanoShobhayi, 38

46Inzala yezicaka zendlu kaThixo ezibuyileyo ekuthinjweni: inzala kaZiya noHasufa noTabhayoti,

47inzala kaKerosi noSiya noPadon,

48inzala kaLebhana noHagabha noShalmayi,

49inzala kaHanan noGidele noGahare,

50inzala kaRaya noRezin noNekoda,

51inzala kaGazam noUza noPaseya,

52inzala kaBhesayi noMewunim noNefusim,

53inzala kaBhakebhuki noHakufa noHarure,

54inzala kaBhezeliti noMehida noHasha,

55inzala kaBhakose noSisera noTema,

56inzala kaNeziya noHatifa

© 1996 Bible Society of South Africa.

57Kwinzala yezicaka zikaSolomon ezibuyileyo ekuthinjweni: inzala kaSotayi noSoferete noPerida,

58inzala kaJala noDakon noGidele,

59inzala kaShefatiya noHatili noPokerete-zebhayim noAmon

60Iyonke ke inzala yezicaka zendlu kaThixo nezicaka zikaSolomon engamadoda abuyileyo ekuthinjweni, 392

61Nanga amadoda abuyileyo ekuthinjweni evela eTele-mela, eTele-hasha, eKerubhi, eAdoni, naseImere, angabanga nako ukuzilanda izindlu zooyise nomlibo wokuzalwa kwawo, khon' ukuze kuqondakale ukuba azelwe ngamaSirayeli na:

62inzala kaDelaya noTobhiya noNekoda, 642

63Kubabingeleli: inzala kaHabhaya noHakozi noBhazilayi (ondlu yakhe ibisekwe yindoda eyathatha intombi kaBhazilayi umGiliyadi, yaza yabizwa ngegama likaBhazilayi)

64Aba bafunisisa ezincwadini zemilibo yokuzalwa, koko awulandekanga umlibo wokuzalwa kwabo. Ngenxa yoko abathatyathwanga njengabahlambulukileyo, baza abavunyelwa ukwenza umsebenzi wobubingeleli.

65Ke ngoko umlawuli wamaJuda wathi kubo mabangatyi kwinyama eyodwa eyinxaxheba yababingeleli eminikelweni de kuvele umbingeleli owayenokuqonda intando kaThixo ngalo mba ngokusebenzisa iiurim neethumim.

66Ekubuyeni ekuthinjweni amanani ayemi ngolu hlobo: amaSirayeli ewonke, 42.360,

67izicaka nezicakazana, 7.337, iimvumi neemvumikazi, 245,

68amahashe, 736, iimeyile, 245,

69iinkamela, 435, iidonki, 6.720.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

70Inxenye yeentloko zezindlu yanikela ixhasa umsebenzi wokuhlaziywa kwendlu kaThixo. Le minikelo yayimi ngolu hlobo: Umlawuli: iikhilogram zegolide, 8, izitya zokutshiza, 50, izambatho zababingeleli, 530.

71Iintloko zezindlu: iikhilogram zegolide, 168, iikhilogram zesiliva, 1.250

72Abanye abantu: iikhilogram zegolide, 168, iikhilogram zesiliva, 140, izambatho zababingeleli, 67.

73Ke amaSirayeli ewonke – ababingeleli, abaLevi, abagcini-masango, iimvumi, abanye abantu, nezicaka zendlu kaThixo – bahlala ezidolophini zakowabo.

UEzra ufunda umthetho

Ke kaloku yathi yakufika inyanga yesixhenxe, amaSirayeli selezinzile ezidolophini zawo,

UNehemiya 8

1bonke abantu baqokelelana ebaleni phambi kweSango laManzi. Baza ke babiza umchazi-mthetho uEzra, bathi makeze nencwadi yomthetho kaMosis, lowo wagunyaziswa nguNdikhoyo kumaSirayeli.

2Ngoko ke ngomhla wokuqala kwinyanga yesixhenxe umbingeleli uEzra weza nayo ebandleni incwadi yomthetho – ibandla elo ke yayingamadoda nabafazi nabo bonke ababesebeqabuke ingqondo.

3Wawufunda ukusukela kusasa kwada kwasemin' emaqanda, emile ejonge apho ebaleni phambi kweSango laManzi, esiva amadoda, abafazi, nabo bonke ababesebeqabuke ingqondo. Bonke ke abo bantu bayiphulaphula ngomdla loo ncwadi yomthetho yayifundwa.

4Ke umchazi-mthetho uEzra lo wayemi kwiqonga elenziwe ngamaplanga, lenzelwe eso siganeko. Ngasekunene kwakhe kwakumi uMatitiya, uShema, uAnaya, u-Uriya, uHilekiya, noMaseya; ngasekhohlo inguPedaya, uMishayeli, uMalkiya, uHashum, uHashbhadana, uZakariya, noMeshulam.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5UEzra wayivula ke incwadi leyo. Bonke ke abantu babembona, kuba wayemi
ebavelele. Uthe ke akuyivula, bema ngeenyawo abantu.

6UEzra ke watyibela, encoma uNdikhoyo, uThixo omkhulu. Ke bona abantu
baphakamisa izandla, baza bathelela bathi: “ Amen! Makube njalo!” Baza ke
bagoba banqula uNdikhoyo bejonge phantsi.

7Ke abaLevi uYeshuwa, uBhani, uShrebhiya, uJamin, uAkubhi, uShabhetayi,
uHodiya, uMaseya, uKelita, uAzariya, uJozabhadi, uHanani, noPelaya,
babafundisa umthetho abantu, besamile njalo apho.

8Babefunda encwadini yomthetho kaThixo, baze ke batolike beyichaza ukuze
ivakale ebantwini loo nto ifundwayo.

9Ke umlawuli uNehemiya, ekunye nombingeleli ongumchazi-mthetho uEzra,
nabaLevi ababefundisa abantu, bathi kubo bonke: “Le yimini eyodwa
kuNdikhoyo uThixo wenu. Ngoko ke musani ukulila nenze isijwili.” Kaloku
bonke abantu babentywizisa ngoku bawaphulaphuleyo amazwi omthetho.

10Ke uNehemiya wathi kubo: “Hambani niyokutya izimuncu-muncu, ukutya
okumnandi neziselo, nide niphe nâbo bangenakutya. Le yimini ekhethekileyo
yeNkosi yethu. Ngayo musani ukuba lusizi; kaloku uNdikhoyo uza
kunomeleza ngovuyo lwakhe.”

11Ke abaLevi babazolisa abantu, besithi: “Le yimini eyodwa, zolani. Sanukuba
lusizi.”

12Ngoko ke bonke abantu baya kwenza itheko, batya, basela, besabelana
ngokutya benemincili, kuba kaloku ngoku bewaqondile amazwi
ababewacaciselwe.

13Ngomhla wesibini wenyanga leyo ke iinkulu zemizi zinababingeleli
nabaLevi zaqokelelana kuEzra umchazi-mthetho ukuze ziqwalasele amazwi
omthetho.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Apho kuloo mthetho wayalelwa nguNdikhoyo ngoMosis bafumanisa
kubhaliwe kwathiwa amaSirayeli makahlale kumaphempe ngethuba letheko
lenyanga yesixhenxe,

15kananjalo balishumayele ilizwi elo linwenwele kuzo zonke iidolophu
naseJerusalem, besithi: “Phumani niye kweleentaba, nibuye namahlamvu
omnquma, nalowo wasendle, awemetile, nawesundu, naweminye imithi,
ukuze ngawo kwenziwe amaphempe njengoko kubhaliweyo.”

16Baphuma ke abantu, baza babuya namahlamvu emithi, bazakhela ngawo
amaphempe kumaphahla abo, kwiinkundla zemizi yabo, nakwiinkundla
zendlu kaThixo, ngokunjalo nasebaleni elingakwiSango laManzi
nelingakwiSango likaEfrayim.

17Lonke ke elo gqiza lalibuye ekuthinjweni lazakhela amaphempe, laza
lahlala kuwo. Ke ukusukela kwimihla kaYoshuwa unyana kaNune kude kube
lelo thuba amaSirayeli la ayengazange alibhiyozele ngale ndlela eli theko.
Ewe, ayonwabe ngovuyo olukhulu.

18Ukuqalela kwimini yokuqala mihla le uEzra wayefunda incwadi yomthetho
kaThixo. Elo theko ke balibhiyozela iintsuku ezisixhenxe, baza ke ngosuku
lwesibhozo bahlangana belibandla ngokommiselo womthetho.

UNehemiya 9

AmaSirayeli ayazohlwaya

1Ke kaloku ngomhla wamashumi amabini anesine kwakuloo nyanga
amaSirayeli aqokelelana, azila, anxiba ezirhwexayo, ezigalela ngomhlaba
entloko.

2AmaSirayeli omthonyama azahlukanisa neentlanga, ema ngeenyawo,
azivuma izono zawo ndawonye nobugwenxa booyise.

3Ema ezindaweni zawo, afunda kwincwadi yomthetho kaNdikhoyo uThixo
wawo isithuba sesahlulo sesine semini, aza ke ngesinye isahlulo sesine avuma
izono enqula uNdikhoyo uThixo wawo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Ke bona abaLevi uYeshuwa, uBhani, uKademiyeli, uShebhaniya, uBhuni, uSherebhiya, uBhani, noKenani, bema eqongeni, bedanduluka bebiza kuNdikhoyo uThixo wabo.

5Aba baLevi bangooYeshuwa, uKademiyeli, uBhani, uHashabeneya, uSherebhiya, uHodiya, uShebhaniya, noPetaya, basuka bathi: “Phakamani nibonge uNdikhoyo uThixo wenu, umahlal' ehleli ngonaphakade kanaphakade, nithi: “Malibongwe igama lakho elidumileyo; ngamana laphakanyiselwa phezulu kunayo yonke intsikelelo nezibongo.

6Nguwe wedwa uMahlalekho, nguwe umenzi wamazulu, nalawo asemajuku-jukwini, nelo hlokondiba leenkwenkwezi zawo, nkqu nehlabathi nako konke okukulo, oozilwandle nako konke ezikufumbathileyo. Iinto zonke uzithi jize ngobomi, neendimbane zamazulu zinqula wena.

7“Wena unguNdikhoyo uThixo. Nguwe owanyula uAbram, wamkhupha eUre yelamaKaledi, waza wamthiya elinguAbraham.

8Wena wamfumanisa enyanisekile, waza wenza umnqophiso naye wokunika izizukulwana zakhe umhlaba wamaKanana namaHiti, ama-Amori namaPerezi, amaJebhusi namaGirgashi. Waza ke waligcina elo dinga, kuba wena ulilungisa.

9“Wakubona ukubandezeleka koobawo-mkhulu kwelaseJiputa; phaya kuLwandle oluBomvu wasiphulaphula isikhalo sabo.

10Wathumela imiqondiso emangalisayo, ukumkani waseJiputa wamenzela izimanga, nawo onke amaphakathi akhe, nabantu belizwe lakhe, kuba wena uyazi inkohlakalo yawo amaJiputa kubantu bakho. Wena wazenzela igama eliqaqambileyo unanamhlanje!

11Wena walahlula-hlula ulwandle phambi kwabo bebukele, baza ke bona bawela kulo kumhlaba owomileyo. Ke zona iintshaba zabo suka wazintywilisela enzulwini; suka zee loce zanyamalala ngathi lilitye litshona esizibeni.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Emini wabakhokela ngomqulu welifu, ebusuku wabakhokela ngelangatye
lomlilo, suka wena wabakhanyisela kuloo ndlela babeyihamba.

13“Wena wehla wathi ngcu kwintaba iSinayi, wathetha nabo usezulwini, waza
wabanika imiqathango nemithetho elunge kwaphela, izimiso neziyalo
ezifanalekileyo.

14Wawazisa kubo umhla wakho owodwa wokuphumla, wabathi jize
ngemiyalelo, imimiselo, kwanemithetho, ngesicaka sakho uMosis.

15Bakulamba wabanika ukutya, ukutya okuvela ezulwini. Bakunxanwa
wabanika amanzi, amanzi aphuma eliweni. Wena wabayalela usithi
mabalithathe elo lizwe, umhlaba owabafungela ngawo usithi sobanika
isandla sakho.

16“Kodwa ke bona oobawo-mkhulu suka bakhukhumala banenkani,
abayithobela imiyalelo yakho.

17Abavumanga kuphulaphula, bayilibala imimangaliso yakho owayenza
phakathi kwabo. Suka bankaniza bagwilika, bazinyulela inkokheli, befuna
ukuphindela ebukhobokeni. Kambe ke wena unguThixo oxolelayo, wambeth'
isisa novelwano, ucaphuka kade, uphuphum' uthando. Ewe, wena
akubalahlanga.

18Nangona sebezenzele umfanekiso, baqingqa ithole, besithi: ‘Nanko uThixo
wakho owakukhupha kwelo laseJiputa;’ naxa babesenza amanyundululu.

19Ngenxa yobukhulu benceba yakho akubashiyanga kuloo ntlango;
awunqumamanga umqulu welifu. Emini wabakhokela endleleni yabo,
lenjenjalo nelangatye lomlilo, ebusuku labakhanyisela indlela yabo.

20“Wabathi jize ngoMoya wakho olungileyo, Moya lowo wabafundisayo ke.
Akubavimbanga ukutya okuyimana; suka wabanika amanzi bakunxanwa.

21Iminyaka yaba ngamashumi amane, wena ubalondolozile kuloo ntlango.
Ewe, zange baswele lutho: izivatho zabo zange ziguge; azidumbanga
neenyawo zabo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22“Wabanikela izizwe nezikumkani, wababela nezo zisekudeni, suka
bawuthatha umhlaba kaSihon, bawuthatha umhlaba kaOgi ukumkani
waseBhashan.

23Wena wayandisa inzala yabo, yanjengeenkwenkwezi esibhakabhakeni,
waza wabangenisa kwelo lizwe wawuthe mabangene kulo balithabathe
ooyise-mkhulu.

24Ewe, oonyana babo bangena kulo, balithabatha laza lalelabo. Waboyisela
amaKanana awayemi kwelo lizwe; wawanikela kubo amaKanana, ndawonye
nezikumkani zawo, nezo ntlanga zaloo mhlaba, ukuze benz' unothanda kuzo.

25Bahlasela izixeko ezinqatyisiweyo, bayithatha imihlaba yendyebo. Ewe,
bazithimba nezindlu ezazizele ngooni nooni, oomaqula selembiwe kade,
oozidiliya noozinquma, ooziqhamo ngendlu yazo. Ewe, batya bathi mpu,
batsho baba ngabondlekileyo, bexhamla ukulunga kwakho.

26“Kodwa bathelela ngentswela-mbeko, suka bavukelana nawe, umthetho
wakho bawufulathela. Ewe, bababulala abashumayeli bakho, nditsho abo
babebaluleka, bezama ukubabuyisela kuwe, benza izinto ezimanyumnyezi.

27Waza ke wena wabanikezela ezintshabeni ezasuka zabaphatha kabuhlungu.
Bathe bekuloo ngcinezelo ke, suka bahlahlamba bazibika kuwe. Ke wena
weva usezulwini, waza ke ngaloo mfobe yakho wabathi jize ngabahlanguli,
ke bona babakhulula ezintshabeni.

28“Bathe ke bakuphumla, basuka baphindela ebubini. Suka ke wena
wabalahla, wabanikela ezintshabeni zabo, zaza ke zona zabalawula.
Baphindile ke bazibika kuwe, waza weva wena usezulwini yaphindelela
imfobe yakho, ubahlangula umhla nezolo.

29Ke wena wabatyityimbisela umnwe, usithi mababuyele emthethweni
wakho. Kodwa ke basuka bakhukhumala, bazidela iziyalo zakho.
Bazinyathela ngeenyawo izimiso zakho, ezo zibubomi bomntu wonke othi
yena azithobele. Basuka bakufulathela bekhukhumele, bankaniza,
abakuphulaphula.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

30“Yaba liqela leminyaka wena ubanyamezele. NgoMoya wakho wena
wabaluleka, usebenzisa abashumayeli bakho. Kodwa ke bona
abakhathalanga, waza ke wabanikezela kwizizwe ezingabamelwana.

31Kodwa ngenxa yaloo mfobe yakho wena akubatshitshisanga; wena zange
ubalahle, Thixondini onesisa nenceba.

32“Ngoko ke, Thixo wethu, Ngangalalandini yengangamsha, wena Thixo
owoyikekayo, uwugcinayo umnqophiso wokubonelela, yijonge le nkxwaleko
ingaka, ingabi yintw' engento kuwe. Nditsho iinkathazo ezasihlelayo, ezehlela
ookumkani neenkokheli zethu, ababingeleli nabashumayeli, oobawo kunye
nabantu bakho bebonke, ukusukela kwimihla yookumkani baseAsiriya, ukuza
kuthi ga ngoku.

33Kwezo zinto zasihlelayo wena uhleli ulungile; wasoloko usenza
ngentembeko, ke thina sibhatyaza.

34Izikumkani neenkokheli zethu, ababingeleli noobawo-mkhulu,
abawuthobelanga umthetho wakho, abazikhathalelanga iziyalo zakho
nezilumkiso owabanika zona.

35Nangethuba babesembusweni wabo, bexhamla ukulunga kwakho okungaka,
kulo mhlaba uphangaleleyo wendyebo, lo wena wabavava ngawo,
abavumanga ukukukhonza, abajikanga ezindleleni zabo ezimbi.

36“Naku ke thina singamakhoboka namhlanje; ewe, singamakhoboka kulo
mhlaba wawuwunike oobawo-mkhulu ukuze baxhamle imveliso yawo kunye
namaqithi-qithi owavelisayo.

37Ngoku ngenxa yobutyala bethu loo ntaphane yemveliso iyaxhatshazwa
zizikumkani ozibeke phezu kwethu. Zilawula iziqu zethu nemfuyo yethu;
ewe, zenz' unothanda! Hay' imbandezelo esikuyo!”

Isivumelwano esibhaliweyo

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

38“Ngenxa yale ngcombolo ingaka ke, thina ngoku sizibophelela ngesivumelwano – nasi sisibhalile – ke iinkokheli zethu, abaLevi nababingeleli bethu, basitywine ngophawu lwabo.”

UNehemiya 10

1Owokuqala ukusayina isivumelwano ibingumlawuli uNehemiya unyana kaHakaliya, emva koko yaba nguZedekiya.

2Basayina ke naba: ababingeleli: uSeraya noAzariya noJeremiya,

3uPashure noAmariya noMalekiya,

4uHatushe noShebhaniya noMaluki,

5uHarim noMeremoti no-Obhadiya,

6uDaniyeli noGineton noBharuki,

7uMeshulam noAbhiya noMiyamin,

8uMaziya noBhilegayi noShemaya;

9abaLevi: uYeshuwa unyana ka-Azaniya, uBhinuwi koonyana bakaHenadadi, noKademiyeli,

10namawabo uShebhaniya noHodiya noKelita noPelaya noHanan,

11uMika noRehobhi noHashabhiya,

12uZakure noSherebhiya noShebhaniya,

13uHodiya noBhani noBheninu;

14iinkokheli zabantu: uParoshe noPahati-mowabhi noElam noZatu noBhani,

15uBhuni noAzegadi noBhebhayi,

16uAdoniya noBhigwayi noAdin,

17uAtere noHezekiya na-Azure,

18uHodiya noHashum noBhezayi,

19uHarifi noAnatoti noNebhayi,

© 1996 Bible Society of South Africa.

20uMagepiyashe noMeshulam noHezire,

21uMeshezabheli noZadoki noYaduwa,

22uPelatiya noHanan noAnaya,

23uHosheya noHananiya noHashubhi,

24uHaloheshe noPileya noShobheki,

25uRehum noHashabhena noMaseya,

26uAhiya noHanan noAnan,

27uMaluki noHarim noBhana.

28Xa bebonke ke abantu, ababingeleli, abaLevi, abalindi-masango, iimvumi, izicaka zendlu kaThixo, nabo bonke abazahluleyo kwiintlanga ezingabamelwana, loo nto beyenza ngenxa yomthetho kaThixo, bekunye nabafazi babo nabo bonke oonyana neentombi zabo, abo sebeqabuke ingqondo,

29bonke ke aba ngoku bazibandakanya namawabo azizikhulu, bazibophelela ngeshwangusha kunye nesifungo sokuthobela umthetho kaThixo awawukhupha ngesicaka sakhe uMosis, imiyalelo, imiqathango, nemimiselo yeNkosi yethu uNdikhoyo.

30Babhambathisa besithi: “Soze iintombi zethu sizendisele kwiintlanga esimelene nazo; noonyana bethu soze bazithathe iintombi zeentlanga.

31“Izizwe esimelene nazo xa zishishina zisithengisela nantoni na, noba yingqolowa, ngoMhla wokuPhumla, asisoze sithenge nto kuzo ngoMhla wokuPhumla nangaluphi na usuku olungcwele. Njalo ngonyaka wesixhenxe asiyi kuwulima umhlaba; kananjalo siya kuwatshitshisa onke amatyala.

32“Kunyaka ngamnye sizibophelela ngesifungo sokuthobela umyalelo wokuba sinikele ngesiliva eziigram ezintlanu ukuxhasa umsebenzi wendlu kaThixo.

33Sonikela ukuze sibe khona isonka esihlala sihleli etafileni, umnikelo ohlala uhleli weenkozo, namadini atshiswayo, amadini oMhla wokuPhumla,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

amatheko okuthwasa kwenyanga, namatheko amisiweyo, iminikelo eyodwa, amadini esono okungxengxezela uSirayeli, kwenziwe yonke imisebenzi yendlu kaThixo wethu.

34“Thina babingeleli nabaLevi noluntu luphela, siwenzile amaqashiso okumisela indlu nganye ithuba layo kunyaka ngamnye lokuzisa umrhumo weenkuni zomlilo weqonga likaNdikhoyo uThixo wethu njengoko kubhaliwe emthethweni.

35“Kunyaka ngamnye siya kuluzisa ulibo lwemveliso yamasimi ndawonye nesiqhamo somthi ngamnye endlwini kaNdikhoyo.

36“Kwanjengokuba kubhaliwe emthethweni amazibulo ezindlu zethu, aweenkomo zethu, awemfuyo enkulu nemfutshane, xa ewonke siya kuwazisa endlwini kaThixo wethu, kubabingeleli abasebenza kuyo.

37“Ngaphezu koko siya kugalela koovimba bendlu kaThixo wethu, sinikezele kubabingeleli umgubo wolibo lwengqolowa, iminikelo yeenkozo, kunye neziqhamo zayo yonke imithi esinayo, kananjalo newayini entsha namafutha omnquma. Kananjalo sonikela ngesishumi semveliso yethukubaLevi; kaloku ngabaLevi abaqokelela izishumi kuzo zonke iidolophu esisebenza kuzo.

38Umbingeleli womlibo ka-Aron wobapheleka abaLevi xa besamkela izishumi. Ke bona abaLevi bokhupha isishumi sezo zishumibasise endlwini kaThixo wethu, sifakwe engxoweni koovimba.

39AmaSirayeli ndawonye nabaLevi bokhupha umnikelo wokutya okuziinkozo nowolibo lwewayini namafutha omnquma, bawuse koovimba apho zigcinwa khona izinto zeNdawo eNgcwele, apho bahlala khona ababingeleli abalungiselelayo, abalindi-masango, kunye neemvumi. “Soze siyilahle indlu kaThixo wethu.”

UNehemiya 11

Abemi baseJerusalem

1Ke kaloku iinkokheli zesizwe zazinza eJerusalem, baza abanye abantu benza amaqashiso ukuze kwishumi ngalinye labantu umntu omnye aphume aye

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

kuma eJerusalem, isixeko esingcwele, baze ke abaseleyo abalithoba beme kwiidolophu zabo.

2Abantu babancoma abo bazinikelela ukuya kuma eJerusalem.

3Nazi iinkokheli zephondo ezaya kuhlala eJerusalem: Ke amanye amaSirayeli, ababingeleli, abaLevi, nezicaka zendlu kaThixo, nenzala yezicaka zikaSolomon, yahlala kwiidolophu zelakwaJuda; yangulowo nalowo wahlala emzini wakhe kwezo dolophu zahlukeneyo;

4babe ke abanye abakwaJuda nabakwaBhenjamin behleli eJerusalem. Kwinzala kaJuda yaba nguAtaya unyana kaUziya, kaZakariya, ka-Amariya, kaShefatiya, kaMahalaleli, inzala kaPerezi,

5noMaseya unyana kaBharuki, unyana kaKolihoze, kaHazaya, ka-Adaya, kaYoyaribhi, kaZakariya, inzala kaShela.

6Iyonke inzala kaPerezi, eyayihlala eJerusalem, yayingamagorha angamakhulu amane anamashumi amathandathu anesibhozo.

7Inzala kaBhenjamin yayinguSalu unyana kaMeshulam, kaJowedi, kaPedaya, kaKolaya, kaMaseya, kaItiyeli, kaYesaya,

8nabalandeli bakhe, uGabhayi noSalayi, bebonke bengamadoda angamakhulu alithoba anamashumi amabini anesibhozo.

9Inkokheli yabo yayinguJoweli unyana kaZikri, yena uJuda unyana kaSenuwa evelele isiphaluka sesibini sesixeko.

10Kubabingeleli yayinguYedaya unyana kaJoyaribhi, uJakin,

11uSeraya unyana kaHilekiya, kaMeshulam, kaZadoki, kaMareyoti, ka-Ahitubhi owayongamele indlu kaThixo,

12namahlakani abo awayeqhuba umsebenzi wendlu kaThixo bengamadoda angamakhulu asibhozo anamashumi amabini anambini; uAdaya unyana kaJeroham, kaPelaliya, ka-Amzi, kaZakariya, kaPashure, kaMalekiya,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13namahlakani akhe, iinkulu zezindlu, bengamadoda angamakhulu amabini
anamashumi amane anesibini; uAmashesayi unyana ka-Azarele, ka-Azayi,
kaMeshilemoti, kaImere,

14namahlakani akhe, iinto ezingamagorha, ikhulu elinamashumi amabini
anesibhozo. Inkokheli yabo yayinguZabhediyeli unyana kaHagedolim.

15KubaLevi yayinguShemaya unyana kaHashubhi, ka-Azerikam,
kaHashabhiya, kaBhuni;

16uShabhetayi noYozabhadi, bobabini iziinkulu zabaLevi ezazongamele
umsebenzi wangaphandle kwindlu kaThixo;

17uMataniya unyana kaMika, kaZabbedi, ka-Asafu, umbhexeshi
kwezokubulela nezokuthandaza; uBhakebhukiya owayelisekela kumahlakani
akhe; noAbheda unyana kaShamuwa, kaGalali, kaYedutun.

18Bebonke abaLevi kwisiXeko esiNgcwele babengamakhulu amabini
anamashumi asibhozo anane.

19Abalindi-masango yayinguAkubhi, uTalmon, namahlakani abo awayelinda
amasango, amadoda alikhulu elinamashumi asixhenxe anesibini.

20Amanye ke amaSirayeli nababingeleli nabaLevi ayekuzo zonke iidolophu
zakwaJuda, ulowo nalowo ekumzi olilifa looyise-mkhulu.

21Izicaka zendlu kaThixo zazihlala kwinduli iOfeli, uZiha noGishpa
beziinkokheli zazo.

22Inkokheli yabaLevi eJerusalem yayingu-Uzi unyana kaBhani, kaHashabhiya,
kaMataniya, kaMika. U-Uzi lo wayengomnye kwinzala ka-Asafu
eyayikwiimvumi zenkonzo yendlu kaThixo.

23Iimvumi ezi zaziphantsi kwemiyalelo kakumkani, umsebenzi wazo wemihla
ngemihla uxhomekeke kuye.

24UPetaniya unyana kaMeshezabheli, omnye wenzala kaZera unyana kaJuda,
wayesisandla sikakumkani kuyo yonke imicimbi emayela noluntu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

25Ngokumayela neelali namasimi azo, abanye kubantu bakwaJuda babehlala
eKiriyati-arbha namaphandle ayingqongileyo, eDibhon neziphaluka,
eKabhezeli neelali zayo,
26eYeshuwa, eMolada, eBhete-pelete,
27eHazare-shuwali, eBheshebha neelali zayo,
28eZikelage, eMekona neziphaluka,
29e-En-rimon, eZora, eYamuti,
30eZanowa, eAdulam neelali zazo, eLakishe namasimi ayo, eAzeka
neziphaluka. Ewe, babethe qwelele kuwo wonke loo mmandla ukusuka
eBheshebha kuye kwintili yeHinom.
31Inzala kaBhenjamin eyayivela eGebha yayihlala eMikmas, eAya, eBhetele
neziphaluka,
32eAnatoti, eNobhi, eAnaniya,
33eHazore, eRama, eGitayim,
34eHadide, eZebhoyim, eNebhalati,
35eLodi, eOno, nakwiNtili yeeNgcibi.
36Amanye kumaqela abaLevi akwaJuda ema kwaBhenjamin.

UNehemiya 12

Uludwe lwababingeleli nabaLevi

1Naba ababingeleli nabaLevi ababuya noZerubhabheli unyana kaShelatiyeli
kunye noYeshuwa: uSeraya, uJeremiya, uEzra,
2uAmariya, uMaluki, uHatushe,
3uShekaniya, uRehum, uMeremoti,
4uIdo, uGineton, uAbhiya,
5uMiyamin, uMadiya, uBhilega,
6uShemaya, uJoyaribhi, uYedaya,

© 1996 Bible Society of South Africa.

7uSalu, uAmoki, uHilekiya, noYedaya. Ezi ke ziinkokheli zababingeleli kunye namahlakani azo ngexesha likaYeshuwa.

8AbaLevi yayinguYeshuwa, uBhinuwi, uKademiyeli, uSherebhiya, uJuda, kunye noMataniya. Yena kunye namahlakani akhe babejongene neengoma zokubulela.

9UBhakebhukiya noUni namahlakani abo babemi bekhangelene nabo ezinkonzweni.

10UYeshuwa yayinguyise kaYoyakim, uYoyakim enguyise kaEliyashibhi, uEliyashibhi enguyise kaJoyada,

11uJoyada enguyise kaJonatan, uJonatan enguyise kaYaduwa.

12Nazi iinkulu zemizi yababingeleli ngemihla kaYoyakim: kwaSeraya nguMeraya; kwaJeremiya nguHananiya;

13kwaEzra nguMeshulam; kwa-Amariya nguYehohanan;

14kwaMaluki nguJonatan; kwaShebhaniya nguJosefu;

15kwaHarim nguAdena; kwaMerayoti nguHelekayi;

16kwaIdo nguZakariya; kwaGineton nguMeshulam;

17kwa-Abhiya nguZikri; kwaMiniyamin nakwaMowadiya nguPiletayi;

18kwaBhilega nguShamuwa; kwaShemaya nguJonatan;

19kwaJoyaribhi nguMatenayi; kwaJedaya ngu-Uzi;

20kwaSalayi nguKalayi; kwa-Amoki nguHebhere;

21kwaHilekiya nguHashabhiya; kwaYedaya nguNataniyeli.

22Ke kaloku iinkulu zemizi yabaLevi ngemihla kaEliyashibhi, kaJoyada, kaJohanan, noYaduwa kunye nezababingeleli zabhaliswa ngexesha lolawulo lukakumkani uDariyo wasePeshiya.

© 1996 Bible Society of South Africa.

23Kanti ke iinkulu zemizi kwinzala yabaLevi ukuthi xhaxhe ngexesha likaJohanan unyana kaEliyashibhi zafakwa kwincwadi yeengcombolo zembali.

24Iinkokheli zabaLevi yayinguHashabhiya, uSherebhiya, uYeshuwa unyana kaKademiyeli namahlakani abo, awayesima ekhangelene nabo esenza iindumiso nemibulelo, elinye iqela lithelela elinye ngokomyalelo kaDavide umfo wakwaThixo.

25UMataniya, uBhakebhukiya, uObhadiya, uMeshulam, uTalmon, noAkubhi, babengabalindi-masango ababegada oovimba ngasemasangweni.

26Babelungiselela ngemihla kaYoyakim unyana kaYeshuwa, kaYozadaki, nangemihla kaNehemiya umlawuli, noEzra umbingeleli ongumchazi-mthetho.

Ukunikezelwa kodonga lwaseJerusalem

27Ngethuba lonikezelo lodonga lwaseJerusalem abaLevi baya kufunwa apho babehlala khona, baza baziswa eJerusalem, ukuze balubhiyozele ngemihlali unikezelo olo ngeengoma zokubulela, becula bekhalisa amacangci, iihapu, nemirhubhe.

28Neemvumi zaqokelelwa kummandla ojikeleze iJerusalem, nakwiilali zamaNetofa,

29naseBhete-giligali, nakummandla waseGebha, naseAzemavete. Kaloku iimvumi ezo zazizenzele iilali kummandla ojikeleze iJerusalem.

30Akuba ezihlambulule wona ngokwawo abaLevi ahlambulula nabantu, amasango, kwanodonga.

31Iinkokheli zakwaJuda ndazidibanisa phezu kodonga. Ndamisela neekwayala ezinkulu zambini, zatsho ngemibongo. Enye yaqabela phezu kodonga, yajonga ngasekunene ekuyeni kwiSango lobuLongwe.

32UHoshaya nesiqingatha seenkokheli zakwaJuda zalandela

33kunye noAzariya, uEzra, uMeshulam,

34uJuda, uBhenjamin, uShemaya, uJeremiya,

© 1996 Bible Society of South Africa.

35kunye nabanye ababingeleli, bephethe amaxilongo, uZakariya unyana kaJonatan, kaShemaya, kaMataniya, kaMikaya, kaZakure, ka-Asafu,

36namahlakani akhe, uShemaya, uAzarele, uMilalayi, uGilalayi, uMayi, uNataniyeli, uJuda, noHanani, benezikhalisi ezamiselwa nguDavide umfo wakwaThixo. Ke loo mngcelele wawukhokelwa nguEzra umchazi-mthetho.

37Xa bekwiSango loMthombo bathi ngqo ngezinyuko zesixeko sikaDavide, benyuka bekhangele eludongeni, bayidlula ngasentla indlu kaDavide, bajonga empuma kwiSango laManzi.

38Ikwayala yesibini yona yaqhuba iyifulathele leyo yokuqala. Ndalandela ndiphezu kodonga ndinesiqingatha sabantu, sadlula iNqaba yamaZiko, saya kuDonga oluBanzi,

39salidlula iSango lakwaEfrayim, nelikaYeshana kunye neleeNtlanzi, neNqaba kaHananeli, naleyo yeKhulu, see xhaxhe ngeSango leeGusha. Yaza ke yema kwiSango labaLindi.

40Ke ezo kwayala zazisenza imibongo, zema ngeendawo zazo endlwini kaThixo, ngokunjalo nam ndinesiqingatha samagosa,

41kunye nababingeleli – uEliyakim, uMaseya, uMiniyamin, uMikaya, uEliyohenayi, uZakariya, noHananiya, namaxilongo abo –

42kanti ke noMaseya, uShemaya, uElazare, u-Uzi, uYohanan, uMalkiya, uElam, noEzere. Ikwayala yayintyiloza ibhexeshwa nguYezeraya.

43Ngaloo mini ke benza amadini amaninzi bevuya, kuba uThixo ebathe jize ngovuyo olukhulu. Abafazi nabantwana nabo babechulumacha. Intsholo yemincili apho eJerusalem yayivakala nasekudeni.

44Ngelo thuba ke kwamiselwa amadoda okujonga oovimba bemirhumo, ulibo, kunye nezishumi. Kumasimi angqonge iidolophu ayeza kuthatha isabelo sababingeleli nabaLevi, asizise koovimba ngokommiselo womthetho. Kaloku uJuda wayanelisekile lulungiselelo lwabo babingeleli nabaLevi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

45Babemlungiselela uThixo wabo, beyenza nenkonzo yentlambululo, kwanjengeemvumi nabalindi-masango,ngokomyalelo kaDavide nonyana wakhe uSolomon.

46Kaloku kwakudala ngemihla kaDavide noAsafu kwakukho ababhexeshi-kwayala xa kuculwa awokudumisa nokubonga uThixo.

47Ngoko ke ngemihla kaZerubhabheli noNehemiya uSirayeli ephela wayikhupha imirhumo yemihla ngemihla, wanika iimvumi nabalindi-masango. Wazikhupha nezabelo zabanye abaLevi, kananjalo nabaLevi bazikhupha izabelo zenzala ka-Aron.

UNehemiya 13

Uhlaziyo lukaNehemiya

1Ngaloo mini ke incwadi kaMosis yafundwa ngokuvakalayo, besiva nabantu, kwaza ke kwafumaneka kubhaliwe apho kuyo kwathiwa akukho m-Amon namMowabhi uya kuze angeniswe ebandleni likaThixo.

2Kaloku ezi ntlanga zona zange ziwamkele ziwaphe kutya namanzi amaSirayeli, koko zasuka zawathengela uBhalam ukuba awashwabulele. Kambe ke uThixo wethu elo lishwa waliguqula walenza ithamsanqa.

3Bathe ke abantu bakuwuva lo mthetho, basuka bamchwethela phaya wonke umntu osondele kuSirayeli kodwa engowomlibo weentlanga.

4Ngaphambi koku ke uEliyashibhi umbingeleli yayinguye ojonge oovimba bendlu kaThixo. Wayeqhogene noTobhiya,

5wada ke wamnika nendlu enkulu eyayinguvimba weminikelo yeenkozo, isiqhumiso kunye nezinto zendlu kaThixo. Zazilapho nezishumi zeenkozo, iwayini entsha, kunye namafutha omnquma, zinto ezo ke zazimiselwe ukuba sisabelo sabaLevi, iimvumi, nabalindi-masango, kwanemirhumo esisabelo sababingeleli.

© 1996 Bible Society of South Africa.

6Ke kaloku ngeli thuba kwenzeka ezi zinto, mna ndandingekho eJerusalem.
Kaloku ngonyaka wamashumi amathathu anambini wolawulo lukakumkani
uAtashasta waseBhabheli ndakhe ndabuyela komkhulu eBhabheli. Emva
kwethutyana ke ndabuya ndacela,

7ndaza ke ndabuyela eJerusalem. Ngoko ke ndaba nokubuva ububi
obabenziwe nguEliyashibhi ngokunika uTobhiya indlu ephakathi enkundleni
yendlu kaThixo.

8Ndakhathazeka gqitha, ndaza ke iimpahla zendlu kaTobhiya ndazithatha
ndaziphosa ngaphandle kwaloo ndlu.

9Ndanika umyalelo wokuba ahlanjululwe loo magumbi, ndaza ke emva koko
ndayibuyisela kwakuwo impahla yendlu kaThixo kunye neminikelo yeenkozo
neziqhumiso.

10Kananjalo ndafumanisa ukuba izabelo zabaLevi abasazinikwa, kuba bona
kunye neemvumi ezilungiselelayo, xa bebonke babebuyele emasimini abo.

11Ngoko ke ndawakhalimela amagosa, ndawabuza ndathi: “Ngani ukuba
ingakhathalelwa kangaka indlu kaThixo?” Ndababiza ke ndabaqokelela,
ndabamisa ngeendawo zabo.

12Xa ewonke uJuda wazizisa izishumi zeenkozo, iwayini entsha, namafutha
omnquma, wazifaka koovimba.

13Ndamisa umbingeleli uShelemiya, umchazi-mthetho uZadoki, nomLevi
ogama linguPedaya, bajonga oovimba, bencediswa nguHanan unyana
kaZakure, kaMataniya. Kaloku la madoda ayesaziwa ngokuthembeka.
Yayingawo athwele uxanduva lokwabela amawawo.

14Thixo wam, uze undikhumbule ngale nto, ungawucimi umsebenzi ongaka
endiwenze ngentembeko enje ngenxa yendlu kaThixo wam neenkonzo zayo.

15Ngaloo mihla ke kwelakwaJuda ndabona amadoda exovula iwayini
ngoMhla wokuPhumla, ethwele ukudla okuziinkozo, ekulayisha ezidonkini
kunye newayini, idiliya, amakhiwane, nezinye iindidi zemithwalo. Zonke ke

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ezo zinto ayezizisa eJerusalem ngoMhla wokuPhumla. Ke kaloku ndawalumkisa ukuba angathengisi kutya ngaloo mhla.

16Amadoda aseTire awayehlala eJerusalem ayesiza neentlanzi nazo zonke izinto ezithengiswayo ezithengisa kubantu bakwaJuda apho eJerusalem ngoMhla wokuPhumla.

17Ndazikhalimela izikhulu zakwaJuda, ndisithi kuzo: “Yinkohlakalo yani le niyenzayo – ukuxabhela uMhla wokuPhumla?

18Andithi nooyihlo benza kwaloo nto, ukuze nje uThixo athobe esi sithwakumbe phezu kwethu nakwesi sixeko? Ngoku ke nina uSirayeli nisamqhwayela ingqumbo engaphezulu ngokuxabhela uMhla wokuPhumla.”

19Kwakusithi xa athi rhece amathunzi kumasango aseJerusalem ngomhla owandulela uMhla wokuPhumla, ndiyalele ukuba zivalwe iingcango, ze zingavulwa ude udlule uMhla wokuPhumla. Amanye amadoda am ndawamisa emasangweni ukuze agade kungangeniswa mthwalo ngoMhla wokuPhumla.

20Ngamathuba athile abashishini nabathengisi beendidi zonke babebuchithela ngaphandle kweJerusalem ubusuku.

21Ke kaloku ndabakhalimela ndathi: “Ngani ukuba ubusuku nibuchithele ngaphandle kodonga? Ndiya kuniphatha ngezandla ukuba nikhe naphinda.” Ukusukela ngelo thuba ke abaphindanga beze ngoMhla wokuPhumla.

22Ke abaLevi ndabayalela ukuba bazihlambulule, baze baye kulinda amasango, ukuze uMhla wokuPhumla uhlale ukhethekile. Nangale nto ke uze undikhumbule, Thixo wam, undenzele inceba ngokobukhulu bezibele zakho.

23Kananjalo ke ngaloo mihla ndafumanisa ukuba kukho amaJuda athathe iintombi zaseAshodode, ezakwa-Amon, nezaseMowabhi.

24Isiqingatha sabantwana babo sasithetha ulwimi lwaseAshdode okanye olunye lweelwimi zeentlanga, sona isiJuda bengakwazi kusithetha.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

25Ndabakhalimela ndabaqalekisa. Amanye aloo madoda ndawabetha,
ndawaxhwitha iinwele amanye. Ndathi makafunge egameni likaThixo,
ndisithi: “Aniyi kuzinikela iintombi zenu zithathwe ngoonyana babo, ningayi
kubayeka noonyana benu bathathe iintombi zabo, ukanti nani ngokwenu.

26Andithi na kaloku ukumkani kaSirayeli uSolomon wôna kwangale
mitshato? Kuzo zonke izizwe akukho kumkani wayefana naye. Wayethandwa
nguThixo wakhe, waza wamenza ukumkani phezu koSirayeli ephela, kodwa
ke abafazi abaziintlanga bamrhuqela esonweni.

27Ke ngaba nithi nathi masihambe kweli khondo lenu, senze le nkohlakalo
yokungathembeki kuThixo wethu ngokuthatha abafazi abaziintlanga?”

28Omnye koonyana bakaJoyada unyana kaEliyashibhi umbingeleli omkhulu
wayethathe intombi kaSanebhalati umHoron. Ke mna ndamgxotha uJoyada.

29Uze ubakhumbule, Thixo wam, kuba babuxabhele ububingeleli kunye
nomnqophiso wobubingeleli nowobuLevi.

30Ngoko ke ndabahlambulula ababingeleli nabaLevi kuzo zonke izidyobho
zeentlanga, ndaza ke elowo nalowo kubo ndamnika umsebenzi wakhe.

31Ndamisela amathuba okuziswa kweenkuni ndawonye nawokuziswa kolibo.
Uze undikhumbule undazelelele, Thixo wam.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

UEstere

UEstere 1

Ukwaliwa kukakumkanikazi uVashiti

[1]Ezi ziziganeko zexesha likakumkani uAsuwerosi, ukumkani owayelawula amaphondo alikhulu elinamashumi amabini anesixhenxe, eqalela eIndiya, athi xhaxhe ngeKushe.

[2]Ikomkhulu likakumkani uAsuwerosi lowo lalisebhotwe eSusa.

[3]Ke kaloku kunyaka wakhe wesithathu elawula wenza itheko ewonga izikhulu namaphakathi akhe. Kwelo theko ke zazikho neengqwayi-ngqwayi zomkhosi wamaPeshiya namaMedi, kunye namatshawe nezikhulu zamaphondo.

[4]Yaba ziintsuku ezininzi ezilikhulu elinamashumi asibhozo esenza umboniso ngaloo ntaphane yobutyebi bombuso wakhe kunye nobukhazikhazi bobungangamsha nobuhandiba bakhe.

[5]Zithe ke zakuphela ezo ntsuku, ukumkani wenza elinye itheko elathatha isixhenxe seentsuku, lona elenzela kumyezo ongaphakathi apho ebhotwe. Lona ke wayelenzela umntu wonke, kusukela koyena uphantsi kuye koyena mkhulu, bonke ababelapho kwibhotwe laseSusa.

[6]Lo myezo ke wawuhonjisiwe, uqhelezela, kujinga amalaphu amhlophe naluhlaza. La malaphu ayeqhinwe ngemisonto emhlophe nemfusa, ebotshelelwe kumakhonkco esiliva anxityelelwe kwiintsika ezakhiwe ngelitye elimhlophe lemabhula. Kwakukho nezitulo ezimfuma-mfuma zegolide nesiliva, zikwinkundla eyandlalwe ngamatye abomvu, namhlophe, nabengezelayo, namanye angamabala-bala.

[7]Kwathungwa iwayini kwiindebe zegolide iyileyo yahlukile kwenye, yabe ke newayini leyo ingeninzi izizantyala-ntyala ngokwezinwe zikakumkani.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Ngokomyalelo kakumkani ke wonke umntu kwezo ndwendwe wavunyelwa ukuba ayisele ngendlela yakhe, njengoko ukumkani wayeyalele iinjoli zewayini ukuba zithungele umntu ngamnye ngangoko afuna ngako.

9Ke kaloku nokumkanikazi uVashiti wenzela amakhosikazi itheko kwalapho ebhotwe kwakumkani uAsuwerosi.

10Kuthe ke ngosuku lwesixhenxe, xa kanye ukumkani uAsuwerosi wayenomqhele yiwayini, suka wabiza amaphakathi akhe asebhotwe asixhenxe: uMehuman, uBhizeta, uHabhona, uBhigeta, uAbhageta, uZetare, noKakasi.

11Wona wawayalela ukuba ezise ukumkanikazi uVashiti, ammise phambi kwakhe evathile, ethwele iqhiya yobukumkanikazi, khon' ukuze aqhayise ngobo bunzwakazi bakhe ebantwini ndawonye nezikhulu zakhe. Kaloku wayeyinzwakazi ethi ndijonge.

12Kambe ke amaphakathi lawo athe akuwudlulisa loo myalelo kakumkani, suka ukumkanikazi uVashiti wala ukuza. Hayi ke, yeka ukuvutha kukakumkani ngumsindo.

13Njengoko yayilisiko ukuba ukumkani athetha-thethane neengcali kwimicimbi yomthetho nobulungisa, naye ke wadlan' iindlebe namadoda azizilumko awuqondayo umthetho,

14engawona ayintong' esekhosi kakumkani: uKashena, uShetare, uAdemata, uTashishe, uMeresi, uMasena, noMemukan. La madoda asixhenxe ayezizikhulu zamaPeshiya namaMedi, esondele ngendlela eyodwa kukumkani, futhi ekwezona zikhundla ziphambili apho embusweni.

15Ukumkani wabuza wathi: “Ngokomthetho makwenziwe ntoni ngokumkanikazi uVashiti? Kaloku yena akawuthobelanga umyalelo kakumkani uAsuwerosi awuxelelwe ngamaphakathi.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

16Ke uMemukan wamphendula ukumkani lowo zikho nezinye izikhulu, wathi:
“Ukumkanikazi uVashiti lo akonanga ukumkani kuphela, koko uzonile zonke
izikhulu nabo bonke abantu bamaphondo onke kakumkani uAsuwerosi.

17Ngoko ke esi simo sokumkanikazi siza kwaziwa ngabo bonke abanye
abafazi, baze ke nabo bawadele amadoda abo, besithi: ‘Nkqu nokumkani
uAsuwerosi ngokwakhe wathi akuyalela ukuba ukumkanikazi uVashiti eziswe
phambi kwakhe wasuka wala ukumkanikazi ukuza.’

18Kunamhlanje-nje bonke abafazi bezikhulu zamaPeshiya namaMedi
abevileyo ngesi simo sikakumkanikazi baza kwenza kwangolo hlobo
kwizikhulu zikakumkani. Ngenxa yalo mzekelo ukungevisisani nentswela-
mbeko soze ziphinde ziphele.

19“Ngoko ke xa kukholekile kukumkani, umhlekazi makenze isihlokomiso
ngokwasemthethweni, agunyazise ukuba sibhalwe kwimithetho yamaPeshiya
namaMedi engenakuguqulwa. Isihlokomiso eso masimvalele ukumkanikazi
uVashiti angaze aphinde athi cakatha kwibhotwe likakumkani uAsuwerosi.
Kananjalo ke, ukumkani esi sikhundla sikaVashiti makasinikezele kumntu
wumbi olungileyo kunaye.

20Xa sithe sabhengezwa esi sihlokomiso sikakumkani kuwo wonke loo
mmandla wakhe ubanzi kangakanana, bonke abafazi baya kutsho
bawahlonele amadoda abo, kuqalela koyena uphantsi kuye koyena
uphezulu.”

21Ke kaloku ukumkani ndawonye nezikhulu zakhe baneliseka leli cebiso,
waza ke ukumkani wenza ngokwecebiso likaMemukan.

22Wathumela iincwadi kuzo zonke iindawo eziphantsi kokumkani, incwadi
nganye ibhalwe ngolwimi nendlela yokubhala yephondo ngalinye, esithi
yonke indoda mayibe ngumlawuli endlwini yayo, ithethe ngokubona kwayo.

UEstere 2

UEstere uba ngukumkanikazi

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Ke kaloku wakuba uthothile umsindo kakumkani uAsuwerosi, wamkhumbula uVashiti nesenzo sakhe, ngokunjalo nesihlokomiso awasikhuphayo ngenxa yakhe.

2Ke izicaka ezazimququzelela ukumkani zathi kuye: “Makhe kwenziwe uphando, kukhangelelwe ukumkani iintombi-nto ezintle kunene.

3Ukumkani makamisele abaphathi kwiphondo ngalinye elikumbuso wakhe, baze ke ezo nzwakazi zeentombi bazizise kwinkundla yabafazi ebhotwe eSusa. Zona ezo ntombi mazigcinwe nguHegayi iphakathi likakumkani elijongene nabafazi. Zothatha ithuba ke zizilungisa ngezithambiso zobuhle.

4Ke intombi ethe yamkholisa ukumkani yoba ngukumkanikazi esikhundleni sikaVashiti.” Eli cebiso ke lamkeleka kukumkani, waza walisebenzisa.

5Ke kaloku apho komkhulu eSusa kwakukho umJuda wendlu kaBhenjamin ogama linguModekayi unyana kaJayire, kaShimeyi, kaKishe.

6Yena ke wathinjwa ngukumkani uNebhukadenezare eJerusalem waya naye eBhabheli engomnye wâbo babethinjwe noJoyakin ukumkani wakwaJuda.

7UModekayi lo ke wayenomzala ogama linguHadasa awayeze naye apho eBhabheli kuba eyinkedama engenatata namama. Le ntombi ke, egama limbi lalinguEstere, yayimile kakuhle iyinzwakazi. UModekayi lo ke wayithatha njengomntwana wakhe yakuba iswelekelwe nguyise nonina.

8Uthe ke wakuba ubhengeziwe umyalelo nesihlokomiso sikakumkani kweziswa iintombi ezininzi apho komkhulu eSusa, zanikezelwa ukuba zigcinwe nguHegayi. NoEstere ke wasiwa apho ebhotwe, waselugcinweni lukaHegayi owayejongene nenkundla yababhinqileyo.

9Le ntombi inguEstere ke yamkholisa ngokupheleleyo. Ngoko nangoko ke wayixhasa ngezinto zobuhle, eyityisa ooni nooni. Wamnikezela esandleni sabafazi abasixhenxe abâkhethwa kwalapho komkhulu, waza ke uEstere nâbo bafazi bahlaliswa kwawona magumbi aphambili kwelo cala lababhinqileyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Ke kaloku uEstere lo wayengazange azichaze imvelaphi nohlanga lwakhe,
kuba uModekayi wayethe makangazixeli.

11Mihla le uModekayi wayesoloko ehamba-hamba apho ngakuloo nkundla,
eze kuqonda ukuba kuqhubeka ntoni na ngoEstere.

12Phambi kokuba intombi iye kukumkani uAsuwerosi kwakufuneka ithathe
ishumi elinambini leenyanga iphathwe ngemigqalisela yobuhle eyayimiselwe
ababhinqileyo. Iinyanga ezintandathu yayithambisa amafutha emore,
ngezinye ezintandathu ithambise ubulawu neziqholo.

13Lo mcimbi ke wawuqhutywa ngolu hlobo ukuze intombi leyo isiwe
kukumkani: nantoni na eyifunayo yayiyinikwa, iyithathe apho kwelo cala
lababhinqileyo, iye nayo kwibhotwe likakumkani.

14Yayingena khona ngorhatya, ize kusasa ibuyele kwelinye icala kwalapho
kwelababhinqileyo, ngoku ibe sesandleni sikaShashagazi, iphakathi
likakumkani elalijongene namaqadi. Ke kaloku emva koko yayingaphindeli
kukumkani ngaphandle kokuba abe ukholisiwe yiyo. Xa kunjalo ke
wayeyibiza ngegama.

15Lithe ke lakufika ithuba likaEstere (intombi leyo eyayigcinwe nguModekayi,
iyintombi kayisekazi uAbhihayili) ukuba aye kuvela phambi kokumkani, yena
akafunanga nto yimbi ngaphandle kwezo zinto wayezicetyiswe nguHegayi
iphakathi likakumkani elalijongene nenkundla yababhinqileyo. Ke yena
uEstere wamkholisa wonke umntu owambonayo.

16UEstere ke wasiwa kukumkani uAsuwerosi phakathi ebhotwe apho
wayehlala khona ngoTebhete inyanga yeshumi kunyaka wesixhenxe
wolawulo lukakumkani uAsuwerosi.

17Ke kaloku ukumkani lowo wakhangwa ngendlela eyodwa nguEstere lowo;
ewe, kuzo zonke ezo ntombi ayikho eyawelwa ngukumkani njengoEstere
lowo, yena wamkholisa ngokugqithisileyo. Ngoko ke ukumkani wathwesa
uEstere iqhiya yobukumkanikazi, wamfaka esikhundleni sikaVashiti.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

18Ukumkani ke wenzela izikhulu namaphakathi akhe itheko elikhulu egameni likaEstere. Wamisela iholide kuwo onke amaphondo awayephantsi kwakhe, wasasaza izipho zazininzi, ziphuma esandleni sikakumkani.

UModekayi uphanzisa iyelenqe

19Zathi xa zihlanganisene okwesibini ezo ntombi waye yena uModekayi ehleli ngasesangweni apho kwakumkani.

20Ke yena uEstere wahlala eyifihlile imvelaphi yakhe ndawonye nobuhlanga bakhe kanye ngaloo ndlela wayeyalelwe ngayo nguModekayi. Kaloku nangoku wahlala esephantsi kweengcebiso zikaModekayi kwanjengoko wayesenza ukumkhulisa kwakhe.

21Ke kaloku ngelo thuba uModekayi wayesesangweni apho kwakumkani, uBhigetan noTereshe, isibini samaphakathi kakumkani esasilinda amasango, bobabini basuka bacaphuka, baza baceba ukwenza iyelenqe lokubulala ukumkani uAsuwerosi.

22Ke uModekayi walibhaqa elo yelenqe, waza waxelela ukumkanikazi uEstere, owathi yena waxelela ukumkani egameni likaModekayi.

23Lithe ke lakufunyaniswa ubunyani balo elo yelenqe, loo maphakathi mabini athathwa abulawa ngokuxhonywa. Yonke ke le ngcombolo yabhalwa encwadini yeembali nokumkani ngokwakhe ekhona.

UEstere 3

UHaman uzama ukutshabalalisa amaJuda

1Ke kaloku emva kwezo ziganeko ukumkani uAsuwerosi wawonga uHaman unyana kaHamedata um-Agagi, wamphakamisa wamnika esona sihlalo siphezulu kunazo zonke ezinye izikhulu.

2Zonke izicaka zikakumkani apho esangweni zaguqa zakhahlela kuHaman ngokomyalelo kakumkani ngoHaman lowo. Kambe ke yena uModekayi zange aguqe akhahlele apho kuHaman.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Ke izicaka zikakumkani ezazilapho esangweni zabuza uModekayi zathi:
“Ngani ukuba wena ungawuthobeli umyalelo kakumkani?”

4Mihla le zazithetha naye ngale nto, kodwa yena engavumi ukuthobela loo
myalelo. Ngoko zamxelela uHaman ngoModekayi lowo, zifuna ukuqonda
ukuba sonyanyezelwa na eso simo sikaModekayi, njengoko wayezixelele
ukuba yena ungumJuda.

5UHaman akuqonda ukuba uModekayi akavumi ukuguqa akhahlele kuye,
wasuka wanomsindo.

6Kodwa wathi, akuluqonda uhlanga lukaModekayi, akayithanda into yokuba
abulale uModekayi yedwa. Ngoko ke uHaman wazama indlela
yokulutshabalalisa lonke uhlanga lukaModekayi – amaJuda – kubo bonke
ubukumkani buka-Asuwerosi.

7Kuthe ke kunyaka weshumi elinambini kakumkani uAsuwerosi, ngenyanga
yokuqala uNisan, kwenziwa ipuri (liqashiso ke elo), kukhethwa usuku
nenyanga. Elo qashiso ke laphuma nenyanga yeshumi elinambini uAdari.

8UHaman wathetha nokumkani uAsuwerosi wathi: “Kukho uhlanga oluthe
saa phakathi kwabantu bonke kuwo onke amaphondo ombuso wakho. Aba
bantu bahleli bezikhethile kwabanye abantu. Amasiko abo ahlukile kuwo
onke awabanye abantu, nemithetho kakumkani abayithobeli. Ngoko ke asinto
intle ukuba ukumkani abanyamezele aba bantu.

9Xa kukholekile kuwe, kumkani, makubhalwe phantsi batshatyalaliswe. Ke
mna ndiza kukhupha iikhilogram zesiliva ezingaphezu kwamakhulu
amathathu anamashumi amane amawaka, ndizinikezele ezandleni zabagcina
oovimba bakomkhulu, ukuze zigcinwe kubo.”

10Ngoko ke ukumkani wakhupha umsesane wakhe emnweni, wawunika
uHaman unyana kaHamedata um-Agagi owayelutshaba lwamaJuda.

11Ukumkani wathi kuHaman: “Yeyakho kaloku imali leyo; yenza ngokubona
kwakho mayela nolu hlanga.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Ke kaloku ngosuku lweshumi elinesithathu kwinyanga yokuqala babizwa oonobhala bakomkhulu. Basixelelwa isihlokomiso esasiphuma kuHaman, sisiya kwiirhuluneli zikakumkani, nabalawuli kunye nezikhulu zamaphondo awahlukeneyo abantu ngabantu. Kwathiwa mabasibhale kwangezo lwimi zahlukeneyo zeentlanga ngeentlanga. Ezi zaziso ke zabhalwa egameni likakumkani uAsuwerosi ngokwakhe, zaza zanyatheliswa ngomsesane wakhe.

13Ezo ncwadi ke zanikezelwa kwizigidimi ezathunywa kuwo onke amaphondo ombuso kakumkani. Zaziyalela ukuba onke amaJuda, amadala kwanamanci, abafazi nabantwana, makabulawe atshatyalaliswe atshitshiswe ngamini-nye – umhla weshumi elinesithandathu kwinyanga yeshumi elinambini uAdare – ke zona iimpahla neento zawo zonke zithathwe zibe ngamaxhoba.

14Ikopi yesi sihlokomiso ke yayiza kubekwa ibe ngumthetho kwiphondo ngalinye, ibhengezwe kubantu beentlanga ngeentlanga, khon' ukuze bahlale belulindele olo suku.

15Ke kaloku yaba ngamaxhaphetshu, izigidimi zikakumkani zibhengeza eso sihlokomiso sasiphuma kukumkani komkhulu eSusa. Ke ukumkani noHaman bahlala phantsi basela, sabe sona isixeko esiyiSusa sididekile.

UEstere 4

UModekayi ucenga uEstere

1Ke kaloku akuyiva into ehlileyo uModekayi wazikrazula iimpahla awayezinxibile, wafaka ezirhwexayo, wazigalela ngothuthu, wangena esixekweni ehamba ebhomboloza kabuhlungu.

2Wahamba wee xhaxhe ngamasango asebhotwe, kuba wayengavumelekanga ukungena khona umntu onxibe ezirhwexayo.

3Kuwo onke amaphondo apho safikelela khona esi saziso somyalelo kakumkani amaJuda alila ezimathontsi, azila ukutya, atsho ngesingqala, enxibe ezirhwexayo, ezigalele ngothuthu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Zithe ke iimpelesi zikaEstere ndawonye namaphakathi zakumxelela
ngoModekayi wasuka wabandezeleka. Wathumelela uModekayi iimpahla
zokunxiba, koko yena wasuka wazimangala.

5Ke uEstere wathumela uHataki iphakathi likakumkani elalijongene naye
ukuba liye kuqonda ukuba wayekhathazwe yintoni na uModekayi.

6UHataki lowo ke waya apho kuModekayi ebaleni lesixeko phambi kwesango
lakomkhulu.

7UModekayi wamchubela konke okwakwenzekile, ndawonye nemali leyo
yayiza kufakwa nguHaman koovimba bakomkhulu ukuze kutshatyalaliswe
amaJuda.

8Kananjalo ke wamnika nekopi yaloo mthetho wawuyalela ukutshatyalaliswa
kwamaJuda, lowo wawubhengezwe eSusa, ukuze awubonise uEstere,
amchazele konke, futhi ambongoze ukuba azame ukuya kubonana
nokumkani, amcenge abe nebuya-mbo mayela nabantu bakowabo.

9Ke uHataki wabuya wenza ingxelo kuEstere ngako konke okwakuthethwe
nguModekayi.

10UEstere ke wayalela uHataki ukuba athi kuModekayi:

11“Onke amaphakathi kakumkani kunye nabantu bonke bezithili zakomkhulu
bayazi ukuba xa indoda okanye umfazi engene phakathi kwibhotwe
lokumkani, engakhange abe umenyiwe, umthetho kakumkani mnye qwaba:
kukuba umntu lowo abulawe kuphele. Umntu onjalo usindiswa kukuba
ukumkani asuke amkhombe ngentonga yakhe yolawulo yegolide. Kambe ke
sezidlule iintsuku ezimashumi mathathu emva kokuba ndandikhe ndabizwa
ngukumkani.”

12Akuba uModekayi exelelwe ngamazwi kaEstere,

13wabayalela ukuba bamphendule uEstere bathi: “Uze ungazikhohlisi
ngokuthi kuba wena ulapho endlwini kakumkani, nguwe wedwa oya kusinda
kumaJuda xa ewonke.

© 1996 Bible Society of South Africa.

14Kaloku xa uthe wathula wee cwaka ngeli thuba lentlekele, hleze luvele lona usindiso lwamaJuda, kodwa ke luthi gqi ngankalo yimbi, ube ke phofu wena nendlu kayihlo uza kutshabalala. Kambe ke, ngubani owaziyo, mhlawumbi wabekwa kwesi sikhundla sasebukhosini khon' ukuze ujongane namaxesha anje.”

15Ke uEstere wathumela le mpendulo kuModekayi:

16“Hamba uye kuwaqokelela onke amaJuda alapha kwesi sixeko saseSusa, xa ninonke nenze inzila ngenxa yam. Ze nithathe iintsuku ezintathu ningatyi ningaseli imini nobusuku. Nam ndikunye neempelesi zam siza kuzila kwenjengani. Yakuba yenzekile ke le nto, ndiza kuya kukumkani, nakuba nje ndisazi ukuba loo nto kukwaphula umthetho. Noko ke, ukuba ndifile, ndifile ke!”

17Wemka ke uModekayi, waza wenza ngokwayo yonke loo miyalelo wayeyinikwe nguEstere.

UEstere 5

Isicelo sikaEstere

1Kuthe ke ngosuku lwesithathu uEstere wavatha ezobukhosi, wangena phakathi enkundleni yasebhotwe, wema phambi kwendlu kakumkani. Ukumkani wayengqendeve esihlalweni sakhe sobukhosi apho kuloo ndlu, ejonge esangweni.

2Uthe ke ukumkani, akubona uEstere emi apho enkundleni, waziva anelisekile akumjonga, waza ke wamkhomba ngentonga yakhe yolawulo yegolide awayeyiphethe. Wasondela ke uEstere, waza ke wachukumisa incam yaloo ntonga.

3Ukumkani ke wathi kuye: “Ngaba ufuna ntoni, kumkanikazi Estere? Uze kucela ntoni? Nantoni na oyifunayo woyinikwa, kude kuthi xhaxhe ngesiqingatha sombuso wam.”

4UEstere uphendule ngelithi: “Xa kukholekile kuwe, kumkani, ndicela ukuba wena ndawonye noHaman niye ethekweni endinilungiselele lona namhlanje.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Ke ukumkani wathi: “Khawulezani nibize uHaman eze apha, ukuze senze
ngokwesicelo sikaEstere.” Ngoko ke ukumkani ekunye noHaman baya kwelo
theko babelilungiselelwe nguEstere.

6Xa basela iwayini ke ukumkani wabuza kuEstere wathi: “Khawutsho, sithini
isicelo sakho? Loo nto uyicelayo woyinikwa. Ufuna ndikwenzele ntoni?
Woyenzelwa nantoni na, kude kuthi xhaxhe ngesiqingatha sombuso wam.”

7Ke uEstere uphendule ngelithi: “Nasi isicelo nesikhungo sam.

8Ukuba ngenene ndamkelekile kukumkani, ezimisele ukwenza ngokwesicelo
sam, ukumkani ndawonye noHaman ngomso mabeze kwitheko
endibalungiselele lona. Ngelo thuba ke ndowuphendula lo mbuzo awubuzayo
ukumkani.”

UHaman ucaphukela uModekayi

9Ngaloo mini ke uHaman wagoduka echwayitile. Kambe ke uthe akubona
uModekayi esangweni lokumkani, ephawula nokuba akakhange amkhathalele
ashukume nokushukuma xa adlulayo kuye, suka wafutheka ngumsindo
ngenxa yesimo sikaModekayi.

10Kambe ke noko uHaman wabuya wazithibaza, wagoduka. Apho ekhaya ke
waqokelela izihlobo zakhe ndawonye nomkakhe uZereshi,

11waza ke wabaqhayisela ngobutyebi bakhe nangoonyana abaninzi,
ngokunjalo nangeendlela awayewongwe ngazo ngukumkani wada
wamphakamisa kunazo zonke izikhulu namaphakathi akhe.

12Waqhuba uHaman wathi: “Akuphelelanga kwezo zinto, nangoku ndim
ndedwa umntu omenywe ngukumkanikazi uEstere ukuba aye nokumkani
kwitheko alenzileyo. Ewe, kwakhona undimemele kwitheko aza kuba nalo
nokumkani ngomso.

13Kambe ke xa iyonke le nto ayindiniki konwaba ngakumbi nangakumbi xa
ndisaphikele ukubona laa mJuda unguModekayi ehleli esangweni
lakomkhulu.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Umkakhe uZereshi ndawonye nazo zonke izihlobo zikaHaman bathi kuye:
“Makwakhiwe umthi wokuxhoma uphakame ube ziimitha ezimashumi
mabini anambini, uze ke ngomso ucele ukumkani amxhome apho uModekayi.
Hamba ke uye ethekweni kunye nokumkani uchwayitile.” Eli cebiso
lamkholisa uHaman, waza ke wawenza loo mthi wokuxhoma.

UEstere 6

UModekayi uyawongwa

1Ke kaloku ngobo busuku ukumkani waphuthelwa, waza ke wathi makuziswe
incwadi yeembali zeengcombolo zolawulo lwakhe. Yeziswa ke, yafundwa
esiva ukumkani.

2Apho kuyo ke kwafunyaniswa ukuba uModekayi wadiza iyelenqe
likaBhigetan noTereshi amaphakathi okumkani awayefuna ukubulala
ukumkani uAsuwerosi. La maphakathi ayengabalindi bamasango.

3Ukumkani wabuza wathi: “Yeyiphi imbeko newonga uModekayi
alenzelweyo ngenxa yesi senzo?” Izicaka zikakumkani ezazimlungiselela
zathi: “Zange enzelwe nto.”

4Ukumkani ke wathi: “Ngubani okhoyo ngoku apha ebhotwe?” Ke uHaman
wayesandula ukungena kwinkundla engaphandle yasebhotwe apho, eze
kuthetha nokumkani mayela nokuxhonywa kukaModekayi kuloo mthi
wayewulungiselele ukumxhoma kuwo.

5Ke izicaka zikakumkani zathi kuye: “Nankuya uHaman emi enkundleni.”
Ukumkani wathi: “Mngeniseni.”

6Akungena ke uHaman ukumkani wathi kuye: “Uthi makwenziwe ntoni
ngomntu aziva efuna ukumwonga ukumkani?” Ke uHaman wacinga
ngaphakathi kwakhe wathi: “Ngubani omnye ongawongwa ngukumkani
ngaphandle kwam?”

7Ngoko ke uHaman waphendula ukumkani wathi: “Loo mntu afuna
ukumwonga ukumkani

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8makanxitywe umnweba wobukhosi owakhe wanxitywa ngukumkani, aze akhweliswe ihashe elisetyenziswa ngukumkani, elo lihonjisiweyo lada labekwa imbasa yakomkhulu entloko.

9Ke umnweba lowo nehashe elo malinikwe elinye lawona matshawe kakumkani aphambili. Mabamfake loo mnweba ke umntu afuna ukumwonga ukumkani, baze bamkhwelise kwelo hashe, bamkhokele ahamba-hambe kwizitalato zesixeko, bona bahambe bekhwaza besithi: ‘Nantsi ke into ayenzelwayo umntu athanda ukumwonga ukumkani!’ ”

10Ukumkani ke wathi kuHaman: “Khawuleza uthathe umnweba lowo kunye nehashe elo, wenze ngaloo ndlela kuModekayi umJuda ohlala esangweni likakumkani. Uze ukwenze konke oko ukuthethileyo, ungashiyi nento le.”

11Ngoko ke uHaman wawuthatha umnweba lowo nehashe elo, wamambathisa uModekayi, wamkhwelisa ehashini, wahamba phambi kwakhe, ekhwaza esithi: “Nantsi ke into ayenzelwayo umntu athanda ukumwonga ukumkani!”

12Kamva ke uModekayi wabuyela esangweni kwakumkani apho. Ke yena uHaman wagoduka ethe nxokotho edanile.

13Akufika ekhaya wabalisela umkakhe uZereshi kunye nezihlobo zakhe zonke ngako konke okwakumhlele ngaloo mini. Ke abacebisi bakhe ndawonye nomkakhe uZereshi bathi kuye: “Ukuba ke lo mfo unguModekayi okuthobe kangaka engowohlanga lwamaJuda, akunako ukumelana naye – ngokuqinisekileyo wena uza kutshabalala!”

14Bathe besathetha naye njalo agaleleka amaphakathi kakumkani, aza ke emka naye ngokukhawuleza uHaman, amsa kwelo theko lalilungiswe nguEstere.

UEstere 7

Ukuxhonywa kukaHaman

1Ngoko ke ukumkani kunye noHaman baya ethekweni likakumkanikazi uEstere.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

2Bathe ke besasela iwayini ngolo suku lwesibini, ukumkani waphinda wathi
kuEstere: “Khawutsho, sithini na isicelo sakho, kumkanikazi Estere? Loo nto
uyicelayo woyinikwa. Ucela ntoni ke? Woyenzelwa nantoni na, kude kuthi
xhaxhe ngesiqingatha sombuso wam.”

3Ke ukumkanikazi uEstere waphendula wathi: “Ukuba ndiyamkeleka kuwe,
kumkani, ukuba kukholekile kuwe, ndincede usindise ubomi bam, uhlangule
nabantu bakowethu, ndiyakucela.

4Kaloku mna ndawonye nabantu bakowethu kuthengisiwe ngathi ukuze
sitshatyalaliswe, sibulawe, sicinywe igama. Ukuba bekuthengiswe ngathi
ukuba sibe ngamakhoboka namakhobokazana ngendithe cwaka, kuba
bekungayi kubakho ntlungu ingako inyanzelisa ukuba kude kuphazanyiswane
nomhlekazi.”

5Ukumkani uAsuwerosi wabuza kukumkanikazi uEstere wathi: “Ngubani
lowo? Uphi loo mntu ube nesibindi sokwenza into enjalo?”

6UEstere wathi: “Lo mtshutshisi ulutshaba sesi sikhohlakali singuHaman.” Ke
uHaman warhwaqela apho phambi kokumkani nokumkanikazi.

7Ukumkani wathi thwasu enomsindo, waphuma kwelo theko lewayini, wee
gwiqi waya kutshona kumyezo wasebhotwe. Kambe ke uHaman waqonda
ukuba ukumkani selenesigqibo ngesiphelo sakhe, ngoko ke yena wasala
ecengana nokumkanikazi uEstere ngenxa yobomi bakhe.

8Kanye xa abuyayo ukumkani apho kumyezo wasebhotwe, ebuyela apho
esidlweni, yena uHaman kwakuxa aziphosa kwisofa abe ekuyo uEstere.
Ukumkani wakhuza wathi: “Yini le! Ngoku ude aphazamisane nokumkanikazi
kanye ngoku ahleli nam endlwini!” Lithe nje ukuba liphume elo lizwi
emlonyeni kakumkani, basuka bamgquma ubuso uHaman.

9Waza ke uHabhona, elinye lamaphakathi ajongene nokumkani, wathi:
“Kambe ukhona umthi wokuxhoma phaya ngasendlwini kaHaman; uziimitha
ezimashumi mabini anambini ukuphakama. Wakhiwe nguye, esenzela

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

uModekayi lo wathethayo wamhlangula ukumkani.” Ukumkani ke wathi: “Mxhomeni kuwo!”

10Ngoko ke uHaman waxhonywa kuloo mthi wayewulungiselele uModekayi; ke wona umsindo kakumkani watsho wathotha.

UEstere 8

AmaJuda anikwa ilungelo lokuzikhusela

1Kwangaloo mini ke ukumkani uAsuwerosi wawunikela kukumkanikazi uEstere umzi kaHaman owayelutshaba lwamaJuda. Ke uModekayi weza kungena kwakumkani, kuba ukumkani wayexelelwe nguEstere indlela abazalana ngayo.

2Ukumkani wawukhulula emnweni wakhe umsesane wakhe wokunyathelisa, lowo wayebuye wawohlutha kuHaman, waza wawunika uModekayi. Ke uEstere wawunikezela kuModekayi umzi kaHaman.

3Ke kaloku uEstere wabuya wathetha nokumkani, eguqe ezinyaweni zakhe elila. Wambongoza ukuba alitshitshise iyelenqe lokutshabalalisa amaJuda elaliqulunqwe nguHaman um-Agagi.

4Waza ke ukumkani wathatha intonga yakhe yokulawula yegolide, wayolulela kuEstere, waza ke yena waphakama wema phambi kokumkani.

5UEstere wathi: “Xa kukholekile kuwe, kumkani, ukuba uyandamkela, ubona ukuba yinto entle le, ube nam undithakazelela, makukhutshwe isihlokomiso esitshitshisa esiya sikaHaman unyana kaHamedata um-Agagi, eso wayesibhalele ukutshabalalisa amaJuda kuzo zonke izithili zikakumkani.

6Uthi ndingathini kodwa ukusinyamezela isithwakumbe esinje phezu kwabantu bakowethu? Ndingathini ukubukela amawethu etshatyalaliswa?”

7Ke kaloku ukumkani uAsuwerosi wamphendula ukumkanikazi uEstere enoModekayi umJuda wathi: “Ngenxa yokuba uHaman ehlasele amaJuda, umzi wakhe ndiwunikezele kuEstere. Ke yena uHaman ndimxhome emthini olungiselelwe oko.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Ngoko ke bhalani esinye isihlokomiso egameni likakumkani ngenxa yamaJuda, nithethe ngaloo ndlela iya kuthi ifaneleke kuni, nize nisinyathelise ngomsesane kakumkani. Kaloku yonke into ebhalwe egameni likakumkani yaza yanyatheliswa ngomsesane wakhe ayinakuze iguqulwe.”

9Ngoko nangoko oonobhala bakomkhulu babizwa ngomhla wamashumi mabini anantathu kwinyanga yesithathu uSivan. Babhala ngokwemiyalelo kaModekayi eyayibhekiswa kumaJuda neerhuluneli nabalawuli nezikhulu zaloo maphondo alikhulu mashumi mabini anesixhenxe, kuqalela kwelaseIndiya kuthi xhaxhe ngeKushe. Ezi zihlokomiso zabhalwa ngobhalo nangolwimi lwephondo ngalinye, kananjalo zabhekiswa nakumaJuda ngobhalo nolwimi lwawo.

10UModekayi wabhala egameni likakumkani uAsuwerosi, wazinyathelisa izihlokomiso ezo ngomsesane kakumkani, waza wazithumela ngezigidimi ezikhwele amahashe anamendu aluhlobo olufuywa kwakumkani.

11Esi sihlokomiso sikakumkani amaJuda azo zonke izixeko sawanika ilungelo lokuba aqokelelane azikhusele, atshabalalise abulale ade atshitshise nabani na oxhobileyo noba ngowaluphi na uhlanga okanye ngowaliphi na iphondo, xa ewahlasela ndawonye nabafazi nabantwana bawo, aze ahluthe nantoni na eyeyotshaba lwawo.

12Usuku olwamiselwa amaJuda ukuba enze le nto kuwo onke amaphondo olawulo lukakumkani uAsuwerosi yaba ngumhla weshumi elinesithathu kwinyanga yeshumi elinambini uAdare.

13Ke ikopi yalo mthetho yayiza kukhutshelwa iphondo ngalinye, ibhengezwe kubantu bohlanga ngalunye, ukuze amaJuda alungele ukuziphindezela ngaloo mini kwiintshaba zawo.

14Zaphuma ke izigidimi zakomkhulu, zikhwele amahashe akomkhulu, zaphalisa ngeenjongo zokufezekisa umyalelo kakumkani. Kananjalo ke isihlokomiso eso sabhengezwa nasebhotwe eSusa.

© 1996 Bible Society of South Africa.

15Ke kaloku uModekayi waphuma apho ebhotwe, evathe ezakomkhulu eziluhlaza nezimhlophe, etsho ngembasa yegolide nomnweba welinen ecikizekileyo emfusa ngebala. Isixeko saseSusa senza itheko lemivuyo.

16KumaJuda loo mini yayiyeyokonwaba nokuvuya, uchulumacho newonga.

17Kwiphondo ngalinye nakwisixeko ngasinye apho sahamba khona eso sihlokomiso, yaba yimincili nochulumanco kumaJuda, ebhiyoza ngezidlo. Ke into eninzi yabantu bezinye iintlanga yaba ngamaJuda ngaloo mini ngenxa yokuba ingenelwe kukuwoyika amaJuda.

UEstere 9

Uloyiso lwamaJuda

1Ke kaloku isihlokomiso somthetho kakumkani sasimiselwe ukuba sifezekiswe ngomhla weshumi elinesithathu kwinyanga yeshumi elinambini uAdare. Ngaloo mini iintshaba zamaJuda zazithembe ukuba ziya kuwabetha ziwavuthulule, kambe ke kwathi kanti zizinqikele ilitye elinobugqwangu, kuba amaJuda asuka azongamela iintshaba zawo.

2AmaJuda aqokelelana kwizixeko zawo kuwo onke amaphondo aphantsi kolawulo lukakumkani uAsuwerosi, elungele ukuhlasela wonke umntu ofuna ukuwatshabalalisa. Akubangakho mntu unokumelana nawo, kuba bonke abantu bezinye iintlanga babenkwantya kukuwoyika.

3Kanti ke futhi zonke izikhulu zamaphondo, iirhuluneli, abalawuli, namagosa kakumkani, babencedisa amaJuda, kuba bonke babengenelwe kukumoyika uModekayi.

4Ngeli thuba uModekayi waba yimbalasane apho komkhulu, udumo lwakhe lwasuka lwathi ndii kuwo onke amaphondo, waya ethath' unyawo ngobuhandiba.

5Ke amaJuda ngekrele azigeqa kwajub' ugodo kwiintshaba zawo, azitshabalalisa ezenzela unothanda kwabo bawathiyileyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[6]Kanti ke komkhulu eSusa amaJuda abulala atshabalalisa amakhulu amahlanu amadoda.

[7]Abulala noPashandata, uDalefon, uAspata,

[8]uPorata, uAdaliya, uAridata,

[9]uPamashta, uArisayi, uAridayi, noVayezata,

[10]ishumi loonyana bakaHaman unyana kaHamedata utshaba lwamaJuda. Ke amaJuda akawachukumisanga amaxhoba wona.

[11]Inani lâbo bâbulawáyo komkhulu eSusa laxelwa kukumkani kwangaloo mini.

[12]Ke ukumkani wathi kukumkanikazi uEstere: “AmaJuda abulele amakhulu amahlanu amadoda ndawonye neshumi loonyana bakaHaman komkhulu eSusa. Ngaba enze ntoni na kwamanye amaphondo kakumkani? Ngoku ke, sithini isicelo sakho? Ewe, woyenzelwa into oyifunayo! Sixele isicelo onaso, uya kusenzelwa.”

[13]UEstere uphendule ngelithi: “Xa kukholekile kuwe, mhlekazi, wavumele amaJuda aseSusa asiqhube nangomso esi sihlokomiso sanamhlanje. Ke bona oonyana bakaHaman abalishumi mabaxhonywe emthini olungiselelwe oko.”

[14]Ngenene ke ukumkani wayalela ukuba yenziwe yonke loo nto. Kwenziwa isihlokomiso eSusa, baza ke baxhonywa bolishumi oonyana bakaHaman.

[15]Ngomhla weshumi elinesine kwinyanga uAdare ahlanganisana eSusa amaJuda, aza abulala amakhulu amathathu amadoda kwalapho eSusa. Kambe ke akawachukumisanga amaxhoba wona.

[16]Kananjalo amaJuda awayekwamanye amaphondo kakumkani aqokelelana azikhusela azikhulula kwiintshaba zawo. Abulala iintshaba ezingamashumi asixhenxe anesihlanu samawaka. Kambe ke akawachukumisanga amaxhoba wona.

© 1996 Bible Society of South Africa.

17Le ntlekele ke yehla ngomhla weshumi elinesithathu kwinyanga uAdare,
aza ke amaJuda aphumla ngomhla weshumi elinesine, olo yalusuku lwezidlo
nemivuyo.

ITheko lamaQashiso

18Kambe ke wona amaJuda aseSusa aqokelelana ngomhla weshumi
elinesithathu noweshumi elinesine, aza ke ngomhla weshumi elinesihlanu
aphumla, yalusuku lwawo lwezidlo nemivuyo.

19Kungenxa yesi sizathu ke le nto amaJuda ahlala emaphandleni ezilalini
ezingabiyelwanga ngodonga alukhethileyo usuku lweshumi elinesine
lwenyanga uAdare elwenza umhla wemivuyo nezidlo, imini yeholide aphana
ngayo izipho.

20Ke kaloku uModekayi wazibhala ezi ziganeko, wathumela izaziso kuwo
onke amaJuda akwiziphaluka zikakumkani uAsuwerosi, ezikude nezikufuphi,

21ewayalela ukuba enze imibhiyozo minyaka le ngosuku lweshumi elinesine
nolweshumi elinesihlanu kwinyanga uAdare.

22Elo ibe lithuba lokukhumbula ukukhululeka kwamaJuda kwiintshaba zawo,
inyanga apho usizi lwawo lwaguquka lwaba luvuyo, isingqala sawo sajika
saba ngumhla wemibhiyozo. Wabhala ewakhuthaza ukuba ezo ntsuku azenze
ithuba lezidlo nemivuyo, anikane izipho zokutya, abonelele namahlwempu
ngezipho.

23Ngoko ke amaJuda ayiqhuba loo mibhiyozo ayeseleyiqalile, enza
ngokomyalelo obhalwe nguModekayi.

24Kaloku uHaman unyana kaHamedata um-Agagi utshaba lwamaJuda
wayewenzele iyelenqe amaJuda, efuna ukuwatshabalalisa, wada wenza ipuri
(liqashiso ke elo) ukuze atshitshiswe.

25Kodwa ke lithe lakuqondwa ngukumkani iyelenqe elo, wasuka wayalela
ukuba kubhalwe izaziso zokutshitshisa icebo likaHaman lokutshabalalisa

© 1996 Bible Society of South Africa.

amaJuda, khon' ukuze isikhuni sibuye nomkhwezeli, ke yena noonyana bakhe baxhonywe emthini olungiselelwe oko.

26Ngoko ke ezo ntsuku kwathiwa zezeePuri, bezibiza ngegama leqashiso. Ke kaloku ngenxa yako konke ekwakubhalwe kuloo leta, nangenxa yako konke awayekubonile noko kwawahlelayo,

27amaJuda azibophelela ekulimiseleni eli siko lokuba wona, ndawonye nezizukulwana zawo, nabo bonke abazibandakanya nawo, soze aphazame ekubeni ezi ntsuku zimbini kunyaka ngamnye zibe zezemibhiyozo ngokwemigqalisela yexesha elimisiweyo.

28Ezo ntsuku ke zaziya kukhunjulwa zibekelwe bucala zizo zonke izizukulwana, nayiyo yonke imizi, kuzo zonke iziphaluka, nakuzo zonke izixeko. Ewe, le mihla yeqashiso ayisoze iyeke ukubhiyozelwa ngamaJuda, kanti nokukhunjulwa kwayo soze kutshitshe phakathi kwenzala yawo.

29Ngoko ke ukumkanikazi uEstere, intombi ka-Abhihali, ndawonye noModekayi umJuda babhala ngegunya elikhulu, bebeka umnwe kwesi saziso sesibini mayela neMihla yeePuri.

30UModekayi wathumela izaziso ezibhaliweyo kuwo onke amaJuda akumaphondo alikhulu mashumi mabini nesixhenxe ombuso kakumkani uAsuwerosi, kuzo evakalisa amazwi eminqweno emihle engqinela ukunyaniseka kwakhe,

31ukuze kumiselwe le Mihla yeePuri ngamathuba ayo. Kaloku ezi ntsuku zamiselwa nguModekayi umJuda enokumkanikazi uEstere, zaza zaba sisivumelwano samaJuda ndawonye nenzala yawo ngokuphathelele kumathuba awo okuzila nokulila.

32Ke isihlokomiso sikaEstere sabek' umnwe kule migqalisela yeMihla yeePuri, saza ke sabhalwa kwingcombolo yeembali.

UEstere 10

Ubuhandiba bukaModekayi

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[1]Ke kaloku ukumkani uAsuwerosi wamisela irhafu kulo lonke ilizwe lombuso wakhe, wada wee xhaxhe ngeziqithi zolwandle.

[2]Yonke ke imisebenzi yakhe nobungangamsha bakhe, ndawonye nengcombolo epheleleyo ngobuhandiba bukaModekayi obo wanyuselwa kubo ngukumkani, xa kukonke, nâko kubhalwe encwadini yeembali zookumkani bamaMedi namaPeshiya.

[3]Ke uModekayi umJuda apho kuloo mbuso wayelisekela likakumkani uAsuwerosi, engobalaseleyo phakathi kwamaJuda, exatyiswe gqitha ngamawabo amaJuda. Kaloku yena wayesebenzela inkqubela yabantu bakowabo, eyimele intlala-kahle yamawabo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

UYobi

UYobi 1

Intshayelelo

1KwelaseUze kwakukho indoda egama linguYobi. Wayengumfo olungileyo
engenabala, umfo omhlonelayo uThixo eyithiyile into embi.

2Wayenoonyana abasixhenxe neentombi ezintathu.

3Wayefuyile eneegusha ezingamawaka asixhenxe, amawaka amathathu
eenkamela, newaka leenkabi zeenkomo, needonki ezingamakhulu amahlanu.
Ngokunjalo ke lo mfo wayenenyambalala yezicaka. Ke uYobi lo wayeyeyona
ndoda isisinhanha kubo bonke abantu kwelasempuma.

4Ke kaloku oonyana bakaYobi babedla ngokuqokelelana benze umbhiyozo
endlwini yalowo yayiyimini yakhe. Babemema noodade babo abathathu
ukuza kutya basele kunye nabo.

5Wakuba lo mbhiyozo ujikeleze kubo bonke uYobi wayedla ngokubabiza
abantwana bakhe ukuze abahlambulule. Wayevuka kusasa kakhulu, abenzele
amadini atshiswayo ngabanye ngabanye. Kaloku uYobi wayesithi:
“Mhlawumbi kusenokwenzeka ukuba abantwana bam bonile bamtshabhisa
uThixo ezintliziyweni zabo.” Wayesenjenjalo ke uYobi ngayo yonke imihla
yakhe.

UYobi uyavavanywa

6Ngamhla uthile izidwangube zakwaThixo zaya kuNdikhoyo, noSathana ke
ephakathi kwazo.

7UNdikhoyo ke wathi kuSathana: “Uvela phi wena?” Ke yena uSathana
waphendula uNdikhoyo wathi: “Ndivela ekubhaduleni, ndisihla ndinyuka,
ndijikeleza ehlabathini.”

8UNdikhoyo wathi kuSathana: “Usiqondile kodwa isicaka sam uYobi? Akakho
onjengaye ehlabathini liphela. Yena ngumfo othembekileyo ongenabala,
indoda emhlonelayo uThixo, eyicezelayo into embi.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

9USathana wamphendula uNdikhoyo wathi: “Kungaba kungelize na ukuba
uYobi afumane amoyike uThixo?

10Kaloku wena umbiyele; usoloko umphahlile yena nendlu yakhe, nako konke
anako. Uwuthamsanqele wonke umsebenzi wezandla zakhe, yaye nemfuyo
yakhe iye isanda ngokwanda elizweni.

11Nangoku ke khawolule isandla sakho uchukumise yonke le nto anayo; uya
kubona, uya kukushwabulela nawe lo!”

12UNdikhoyo ke wathi kuSathana: “Kulungile ke, ungayenza into oyenzayo
kwinto yonke anayo, kodwa uze ungakhe ulinge umchukumise yena siqu.”
USathana ke wemka apho phambi koNdikhoyo.

13Ngenye imini xa oonyana bakaYobi neentombi zakhe babebhiyoza besitya
besela endlwini yenkulu yakhe,

14kwafika isigidimi kuYobi, sathi: “Besilima ngeenkabi, zona iidonki zisitya
kwalapho kufutshane;

15kwaza kwagaleleka amaSabha, asihlasela, azithimba ezo nkomo needonki.
Ke zona izicaka zakho azibulele ngekrele; kusinde mna ndedwa ukuze
ndikwazise.”

16Eso sicaka sathi sisathetha njalo kwafika esinye isigidimi, sathi: “Zonke
iigusha zakho ngokunjalo nabelusi zibethwe ngumbane zafa; kusinde mna
ndedwa ukuze ndikwazise.”

17Sisathetha njalo kwagaleleka esinye, safika sathi: “Sihlaselwe ngamaqela
amathathu amaKaledi, afika azithimba iinkamela, abelusi ababulala ngekrele,
yandim ndedwa osindayo ukuze ndikwazise.”

18Eso sigidimi sathi sisachaza njalo, kwagaleleka esinye, safika sathi:
“Oonyana neentombi zakho bebesendlwini yonyana wakho omkhulu,
bebhiyoza, besitya, besela iwayini,

19kwaza kwasuka kwavuthuza inkanyamba, ivela ngasentlango. Isuke
yadlikidla amacala omane endlu leyo, yabawela abantwana abo, bafela apho

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

bonke; ndim ndedwa osindileyo. Ewe, ndim kuphela osindileyo ukuze ndikubikele.”

20Kwesi sithuba ke uYobi waphakama, wakrazula umnweba wakhe, wayigugula intloko yakhe, waza ke wee guqaqa wanqula,

21wathi: “Ndazalwa nguma ndizé, ndaye ke ndiya kunduluka ndikwazé. NguNdikhoyo onikayo, ikwanguye nothathayo. Malidunyiswe igama likaNdikhoyo!”

22Kuyo yonke le ntlekele uYobi zange one okanye akhalazele uThixo.

UYobi 2

UYobi uyavavanywa kwakhona

1Kwakhona kwathi kwakufika usuku lokuba izidwangube zakwaThixo zihlanganisane phambi koNdikhoyo noSathana wabakho phakathi kwazo ukuze avele phambi koNdikhoyo.

2UNdikhoyo wathi kuSathana: “Uvela phi wena?” Ke yena uSathana wamphendula uNdikhoyo wathi: “Ndivela ekubhaduleni, ndisihla ndinyuka, ndijikeleza ehlabathini.”

3UNdikhoyo wathi kuSathana: “Usiqondile kodwa isicaka sam uYobi? Akakho onjengaye ehlabathini liphela. Yena ngumfo othembekileyo ongenabala, indoda emhlonelayo uThixo, eyicezelayo into embi. Nangoku usabambelele ekuthembekeni kwakhe, nangona wena undixhokonxele ekubeni ndimonakalisele ngaphandle kwesizathu.”

4USathana ke wamphendula uNdikhoyo wathi: “Hayi kaloku, isikhumba ngesikhumba! Umntu angancama yonke into anayo ngenxa yobomi bakhe.

5Nangoku ungathi ukhe wolula isandla sakho wamchukumisa enyameni nasemathanjeni akhe, angakushwabulela nawe lo.”

6UNdikhoyo ke wathi kuSathana: “Kulungile ke, nanko ndimnikela esandleni sakho; nto nje uze ungabuchukumisi ubomi bakhe.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7USathana ke wemka apho phambi koNdikhoyo, wafika wabetha uYobi
ngamathumba oyikekayo athi tshitshilili ukuqalela elunyaweni ukuya kutsho
entloko.

8Ke kaloku uYobi wahlala eluthuthwini, wathatha iceba lembiza, wazonwaya
ngalo.

9Inkosikazi yakhe yathi kuye: “Nangoku usabambelele kule ntembeko yakho?
Mqalekise lo Thixo, ufe kube kanye!”

10Ke yena wamphendula wathi: “Ukuthetha kwakho nqwa nokomfazi
ongaqiqiyo! Kakade, uthi masiyolelwe zizinto ezintle zodwa esiziphiwa
nguThixo, singazamkeli ezimbi?” Kuyo yonke le ntlekele uYobi zange one
ngomlomo wakhe.

UYobi uhanjelwa zizihlobo

11Ke uYobi wayenezihlobo ezithathu ezathi zeva ngayo yonke le nkxwaleko
emhleleyo. Yaseso isihlobo ke seza sivela kowaso umzi, inguElifazi
waseTeman, uBhildadi waseShuwa, noZofare waseNama. Zazivumelene
ngento yokuba ziye kumkhuza uYobi, zimthuthuzele.

12Ke kaloku zathi zisemgama zambona uYobi, phofu ke azamazi. Kambe ke
zathi zakumqonda zangqukruleka zalila, zakrazula iminweba yazo, zizigalela
ngothuli entloko, ziphosa uthuli emoyeni.

13Ke kaloku zahlala naye apho phantsi iintsuku ezisixhenxe nobusuku bazo
kungekho nasinye sithetha naye, kuba zazibona ukuba umva-ndedwa wakhe
mkhulu gqitha.

UYobi 3

UYobi uqalekisa umhla awazalwa ngawo

1Emva koko ke uYobi wathetha wawuqalekisa umhla awazalwa ngawo.

2Ewe, uYobi uvakele esithi:

3“Ngamana zange wathwasa umhla endazalwa ngawo; nditsho nobo busuku
apho kwathiwa: ‘Namhlanje kukhawulwe indoda!’

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Akwaba loo mini yayingumnyam' ombonde-mbonde; mini leyo noThixo
kweliphezulu angayihoyanga; mini ingazange yabonana nokukhanya!
5Ngeyambathiswe sisiphitha-nyongo sobumnyama; ngeyisityekelwe
ziingqimba zamafu. Loo mini ngeyirhwaqeliswe sisithokothoko sobumnyama;
6nobo busuku ngebambathiswe sisithokothoko, suka àbabalelwa kwimihla
yonyaka, àbakhankanywa phakathi kweentsuku zeenyanga.
7Ewe, akwaba obo busuku babuludlolo; akwaba kwakungavakalanga
kumemelela kubo.
8Iinkintsela zokuqalekisa imihla ngeziyiqalekisile loo mini; ngeziyifunze
ngengwenya.
9Iinkwenkwezi zangorhatya ngezimnyama; loo mini ngeyilindele ukusa
kodwa kungaze kufike, nomsobomvu ungaze uthi chapha!
10Kaloku ayizivalanga iingcango zesizalo esandizalayo, ayandiphephisa kule
nkxwaleko ndikuyo.
11“Kwakungani ndingafi ndingekazalwa nje, okanye ndife ndisazalwa?
12Ngani ukuba uma andisingathe emadolweni? Khona, kwakutheni ukuba
andincancise ibele?
13Kuba xa bekungenjalo, ngendalala ndazola; ewe, ngendiphumle kobandayo,
14ndawonye nezikumkani namaphakathi, lawo awavusayo amanxuwa;
15ngoku ngendikunye namatshawe, azindlu zazizele yigolide nesiliva.
16Ngani ukuba ndingafihlwanga njengomphunzo, njengemveku
engalibonanga ilanga?
17Kaloku apho nezikhohlakali azikhathazi mntu, nabadiniweyo baxhamla
ukuphumla.
18Khona amabanjwa azonwabele; ahlukene nokungxoliswa yinduna yawo.

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Apho bandawonye abaphakamileyo nabaphantsi, nkqu nekhoboka
likhululekile kumninilo.

20“Ngani ukuba abaza kubandezeleka balibone ilanga, abangcungcuthekayo
babudle ubomi?

21Bona balangazelela ukufa, kungafiki noko; bakuzingela ngathi bafuna
ubutyebi.

22Abavuyi bayachulumacha, bachwayitile xa bedibana nengcwaba.

23Ngani ukuba balibone ilanga abandlela imfiliba, abo babiyelweyo
nguThixo?

24Kuba ukutya kwam yincwina; ukugcuma kumpompoza njengamanzi.

25Kuba ndihlelwa zezo zinto zindinkwantyisayo; ezindinxunguphalisayo
zezona zindihlelayo.

26Andinako ukuzola, ndingenako nokonwaba; Andifumani kuphumla, kuba
ndasoloko ndijijitheka.”

UYobi 4

UElifazi: Obhangayo ngonetyala

1Kwesi sithuba ke kuphendule uElifazi waseTeman, wathi:

2“Ngaba xa umntu enokukuphendula awungekhathazeki kodwa? Phofu ke
ibingubani onokuthula nje?

3Khumbula kaloku ukuba baninzi abantu obaqeqeshileyo, ubakhuthaza
ubomeleza abazandla zinomkhinkqi!

4Ngamazwi akho ubaxhasile abakhubekayo, wabaqinisa abamadolo
agevezelayo.

5Namhlanje ke kungawe, naku ke wena ungenakunyamezela; ewe, zidla
kuwe, ngoku ke wena suka wadideka.

6Andithi na kaloku wena ukholosa ngokuhlonela uThixo? Ewe kaloku,
qamela ngobunyulu beendlela zakho, ukholose!

© 1996 Bible Society of South Africa.

7“Hayi kaloku, khawuzikise ukucinga; ngubani owakha wabhanga emsulwa?
Ingubani khona owakhe watshabalala kodwa engenabala?

8Ke kwawam amava, abalima ububi, batyale inkathazo, bavuna loo nto
bayilimileyo.

9Ewe kaloku, ngokuphefumla nje kukaThixo batsho badake; ngenene yena
ufutha kube kanye batsho baphel' emehlweni!

10Bona banjengeengonyama ezikroboke amazinyo: nokuba ziyagquma
zibhavumle ngokurhwaqelisayo,

11ziyatshabalala kukuswela amaxhoba, nawo amathole azo asuke abe
ziintsali.”

UElifazi: Akukho mntu ulilungisa kunoThixo

12“Ndakha ndee rhithi udaba bunkente-nkente; ewe, iindlebe zam zeva
amarhe ngathi kuyasetyezwa.

13Kanye ngaloo mathuba emiva-ndedwa yemibono ebusuku, xa kanye
ndikobentlombe,

14suka ndarhwaqela ndankwantya, ada amathambo am anengevane.

15Nako ke kusithi phinzi into phambi kwam; hayi ke, ndahlathuzela
ngamanwele!

16Nantso ke, suka yema bhunxe! Hayi, andibanga nakuyinakana mpela. Phofu
wona umthinzi wabe uphambi kwam – hayi ke, kwathi cwaka, ndada ndeva
ilizwi lisithi:

17‘Ngab' ingenzeka na into yokuba umntu abe lilungisa kunoThixo? Umntu
angaba nyulu ngaphezu koMdali wakhe?

18Andithi na kaloku nezicaka zakwakhe akazithembi? Nditsho nezithunywa
zakhe azimkholisi kwaphela.

19Babengoobani ke abantu abahlala ezindlwini zodaka, abantu abasiseko
siluthuli, abasuka batyumke njengenundu?

© 1996 Bible Society of South Africa.

20Umntu ungambona ekhona kusasa, kanti ke kuya kuthi kurhatyela abe selengasekho; ewe, utshabalala kuphele engakhange aqondakale!

21Kaloku nelo nqugwala lakhe lisuka lincothulwe, ke yena afe engekabufumani bona ubulumko!’

UYobi 5

1“Danduluka kaloku, ukhale, ubone ukuba ukhona oya kuphendula! He-e-e, uza kubhenela kwesiphi ke ngoku isithunywa?

2Ngenene izityhakala zizigwinta ngengcwangu yazo; lona ikhwele yimfeketho ephelela ekufeni.

3Ndakha ndasibona isityhakala sihluma; suka ke mna ndaliqalekisa elo khaya laso.

4Oonyana baso basesichengeni; nasenkundleni basisisulu, akukho bani ubahlangulayo.

5Isivuno saso sityiwa zizilambi, zisicubungula naphakathi kwameva. Amabawa ayaburhogola ubutyebi baso.

6Kaloku inkxwaleko ayiphumi luthulini, ibe ke nenkathazo ayintshuli mhlabeni.

7Umntu nenkathazo ngumtya nethunga, kwanjengokuba intlantsi ihamba nomlilo!”

UElifazi: NguThixo ophilisayo

8“Kambe ke, ukuba ibindim, bendiya kubhenela kuThixo, ndiyaneke phambi kwakhe imeko yam.

9Kaloku nguye owenza izigigaba ezingenakugoca-gocwa; imimangaliso yakhe ayiphele ndawo.

10Nguye onisa imvula emhlabeni, amasimi awanyakamise ngamanzi.

11Yena ngumphakamisi wabadelekileyo; ke bona abasezinyembezini uyabathuthuzela.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Kaloku yena uyaliphuthisa icebo lesindwebi, ize imizamo yaso ibuye
nemband' esikhova.

13Izilumko uzitsho zixakane nobuqhokolo bazo, ize imizabalazo yazo
yobuqhopholo ibhange ngesaquphe.

14Kwakuba njalo ke kutsho kuhlw' emini kuzo; kuthi kusemin' emaqanda,
zona zitotobe ziphampathe ngathi kukwabhadakazi!

15NguThixo obakhuselayo abahlelelekileyo ekutyholweni; nguye obahlangula
esandleni sabomeleleyo.

16Ngoko ke likhona ithemba nakumahlwempu; ke zona izikhohlakali zitsho
zisikw' umlomo!

17“Ewe, unenyhweba umntu olulekwa nguThixo; ngoko ke sukuyidela
ingqeqesho kaSomandla!

18Kaloku yena uyenzakalisa, abuye abophe; kanti kwayena uyabetha, abuye
aphilise ngezandla zakhe.

19Yena uyaphinda-phinda ukukuhlangula ezinkathazweni, kanti ke
ekugqibeleni akuyi kuba sachukunyiswa bubi.

20Ngexesha lendlala uya kukuhlangula ekufeni; ukanti emfazweni uya
kukusindisa ekreleni.

21Ngokunjalo uya kukukhusela kwintlebendwane, ungabi naxhala ngexesha
lonxunguphalo.

22Unxunguphalo nendlala ziya kuba yimfeketho kuwe, ungawaxhaleli
namarhwamncwa ehlabathi.

23Uya kunqophisana namatye asemathambekeni, kubekho uxolo phakathi
kwakho namarhamncwa asendle.

24Umzi wakho uya kuhlala ukhuselekile, nasesibayeni uthi wakukhangela
ufike ziphelele.

© 1996 Bible Society of South Africa.

25Inzala yakho iya kuba yinyambalala, isizukulwana sakho sinabe njengengca emhlabeni.

26Uya kudla ubomi ude ukhokhobe, nqwa nengqolowa engavunwayo lingekafiki ixesha.

27“Uyabona, siziphicothile ezi zinto, yaye zinjalo; yiva ke, uziqonde ubunyaniso bazo kuwe.”

UYobi 6

UYobi: Ngokwam andinawo amancedo

1Ke yena uYobi waphendula wathi:

2“Akwaba iinkxwaleko zam beziveyishwe kakuhle, iinzingo zam zalinganiswa esikalini.

3Ubunzima bazo bebuya kudlula nakobentlabathi yaselwandle; ewe, yiyo loo nto amazwi am asuke aba rhabaxa.

4Kaloku iintolo zikaSomandla zindibinzile, ubuhlungu bazo butyhutyh' umzimba; izoyikiso zikaThixo zindiphahlile.

5Ngaba likhe likhonye na iqwarha ikho ingca eluhlaza? Khona, yona inkomo uthi inganxakama zikho iindiza?

6Into emtyuba ingatyiwa na ngaphandle kwetyuwa? Inayo na incasa incindi yomxoxozi?

7Mna ukutya okunjalo andikuchukumisi; ndingathi khe ndayenza loo nto kubuye.

8Akwaba uThixo angandiphendula, awufezekise umnqweno wam

9wokuba uThixo avume ukundixusha, asiyekele isandla sakhe, abunqamle ubomi bam.

10Into enjalo ke ingandithuthuzela; ewe, naphakathi kweentlungu ndingavuya ndichulumache, kuba andizange ndaphikisana namazwi alowo uNgcwele.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11“Ngaba ndisenawo na amandla okuqhubela phambili ndiphila? Khona,
siphelo sini sona eso ukuba ndingade ndinyamezele?

12Bendililitye na kakade? Ngaba ndisisinyithi?

13Ngenene mna ngokwam andisenawo amandla okuzinceda, futhi
nempumelelo yam ndiphuncukene nayo.

14“Intlungu yomntu imelwe kukukhathalelwa zizihlobo zakhe, nditsho
nokuba yena selekutyeshele ukumhlonela uSomandla.

15Kambe amawethu anobuqhokolo, afana nentlambo emanzi atshayo.

16Iba namanzi amdaka anomkhenkce, apho linyibilikela khona ikhephu,

17kodwa lithi lakubalela aphele, lakuba shushu asuke ome qoko!

18Iinqwelo ziyaphambuka endleleni yazo, ziye kuyo, kodwa zifike zife
namthanyana kuba kusenkangala.

19Iinqwelo zaseTema zikhangela amanzi, nabahambi baseShebha baphunguza
benethemba.

20Kambe ke basuka badane ngenxa yelo themba labo, kuba bathi bakuya kule
ntlambo bafike baphoxeke.

21“Ngoku ke nani ninjalo, kuba nithe nakusibona isibetho endisifumeneyo
nasuka nathi rhubaxa noyika.

22Ngaba ndikhe ndathi kuni: ‘Ndipheni into,’ okanye ndathi:
‘Khanindinyobele ubani ngaloo ndyebo yenu’?

23Ngaba ndikhe ndathi: ‘Ndihlanguleni esandleni sotshaba,’ okanye ndathi:
‘Ndihlawuleleni koongalo-nkulu’?

24Hayi ke, khanindifundise; ndothi cwaka! Ewe, ndiboniseni apho
ndiphambuke khona!

25Kambe ke wona amazwi athe ngqo aluncedo; ukanti ke ezi ngxoxo zenu
ngaba ziphuhlisa ntoni?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

26Ngaba nifuna ukulungisa oko ndikuthethileyo, amazwi omntu oselencamile niwenze intetho engumoya?

27Nina nixolele ukwenza amaqashiso nangenkedama, nisenge inzuzo nangesona sihlobo senu.

28“Kambe ke ngoku khanindijongisise, kuba andisoze ndinixokise ndijongene nani.

29Ngoku ndiyanithandaza, khanibuyeke ubugqwetha; sanukundisingela phantsi – ndililungisa kule nto.

30Ngaba nithi kunesikhwa na ukuthetha kwam? Nithi andisakwazi ukwahlukanisa phakathi kokubi nokuhle?”

UYobi 7

UYobi: Uyintoni na umntu?

1“Ke bona ubomi bomntu yimbulaleko emhlabeni; imihla yakhe ngumzabalazo onjengobomi bomqeshwa.

2Imihla yakhe injengeyekhoboka elisoloko lilangazelela ukuhlwa; injengeyomqeshwa olangazelela umvuzo wakhe.

3Ewe, esam isabelo ziinyanga ngeenyanga zokulambatha; mna ndabelwe ubusuku beenzingo.

4Xa ndilalayo ndithi: ‘Yaz'ba kuya kusa nini na?’ Nobo busuku ke busuka bube bude gqitha, ke mna ndibe ndimbola-mboleka kude kuse.

5Umzimba wam wambethe iimpethu nothuli; ulusu lona lucandekile, luyabhidla.

6“Imihla yam ikhawuleza okomatshini wokuluka; iya kufikelela esiphelweni ingaginyisi mathe.

7Khawukhumbule ke, kuba ubomi bam bunjengomphunga; amehlo am akasoze aphinde akubone okuhle.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Nâbo bandibonayo ngoku soze babe sandibona; ndiya kuphel' emehlweni
undijongile.

9Njengokuqhabalakana nokunyamalala kwamafu unjalo ofayo, akaphindi
abuye.

10Akaphindi eze ekhayeni lakhe, angabi sazana nendawo yakhe.

11“Hayi khona, andiyi kuthi cwaka! Ndiya kuwuphalaza umva-ndedwa wam,
ndikhale ndibindekile!

12Ngani ke ukuba ude undimisele umlindi? Ngaba ndilulwandle, okanye isilo
solwandle?

13Ndakulala ndiye ndicinge ukuba umandlalo wam wondithuthuzela, ndithi
ubuthongo bondithomalalisa.

14Kodwa wena usuka undirhwaqelise ngamaphupha; usuka undivingcele
ngemibono.

15Ndide ke mna ndikhethe ukukrwitshwa; kanye ndinyula ukufa kunokuphila
kulo mzimba wam.

16Ewe kambe, ndidikiwe bobu bomi; kakade andiyi kuphila ngonaphakade.
Hayi ndiyekeni, kuba ubomi bam bunjengomphunga.

17“Yaz'ba uyintoni na umntu, le nto umxabise kangaka; ngani ukuba
umzondelele kangaka?

18Ewe, yonke imihla uyamphicotha; ngayo yonke imizuzu uyamvavanya.

19Hayi kaloku, khawuthi gu kancinci; khawundiyeke ndikhe ndiginy' amathe!

20Ke ukuba ndiyona, ikukhathaza ngani loo nto, wena Malusi woluntu? Ngani
ukuba ndibe selisweni lakho kangaka? Ngaba ndingumthwalo ongako kuwe?

21Ngaba awungendixoleli na isono sam, ubulibale ubutyala bam? Kuba ke
ngoku ndiza kulala kobandayo; uthi undifuna ndibe ndingasekho!”

UYobi 8

UBhildadi: UThixo akabugqwethi ubulungisa

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Waphendula ke uBhildadi umfo waseShuwa, wathi:

2“Mfondini, koda kube nini ushwaqa, usenza imbudede yamazwi afana nomoya obhudlayo?

3Uthi uThixo angakujika okulungileyo? Uthi uSomandla angabugqwetha ubulungisa?

4Ukuba abantwana bakho bawaphule ummiselo wakhe, yena ke ubawisele isohlwayo esibafaneleyo.

5Into omawuyenze wena kukuzibika kuThixo, ubuse umbongoze uSomandla.

6Ukuba ungumntu onyanisekileyo omsulwa, ngenene uya kukuva, akubuyekeze ngomzi wakho.

7Ewe, ubunayo inkqubela ngaphambili, kodwa ayinakulinganiswa nendyebo owoba nayo esiphelweni.

8Khawuphononononge ulande imbali yemihla yamandulo; phicotha ufunde kumava amanyange.

9Kaloku thina singabayizolo, asazi nto, nemihla yethu emhlabeni idlula njengesithunzi.

10Ke bona baya kukululeka, bathethe nawe; ewe, bangakuphokozela kuloo vimba wolwazi lwabo, bathi:

11‘Ngaba ingaphuma na imizí apho kungekho mgxobhozo? Uthi ingakhula ingcongolo apho kungekho manzi?

12Zithi zingekalungeli kukhiwa, zimbatshe kuqala kunezinye izityalo.’

13Iba njalo indlela yabo bonke abamlibalayo uThixo; ewe, ithemba lâbo bangamnquliyo uThixo liyadaka.

14Kaloku bona bangqiyama ngentambo yesigcawu, lisuke ke elo themba labo linqamke.

15Bayama ngendlu yesigcawu, ibe ke yona ingaqinanga; babambelela kuyo ngoku yona igqashu-gqashu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Bahluma okwesityalo esinamanzi esibethwa yimitha yelanga, sona esinwenwa siphinyele egadini.

17Iingcambu zaso zibhijela amatye, zibambelele kuwo.

18Phofu ke uthi wakusincothula, kungabi sabonakala ukuba sasikhe sakho.

19Uyabona, injalo indlela yokukhula kwaso: indawo yaso ithathwa sesinye.

20“Ewe, uThixo akamlahli umntu othembekileyo, kodwa akangeke azomeleze izandla zabenzi bokubi.

21Ngoko ke úya kulubuyisela uncumo emlonyeni wakho, nemilebe yakho ibobotheke yimincili.

22Ke bona abakuthiyileyo baya kwambathwa lihlazo; kanti ke yona imizi yabakhohlakeleyo iya kubhanga.”

UYobi 9

UYobi: UThixo sisilumko esibalasele ngamandla

1Ke uYobi waphendula wathi:

2“Ewe, ndiyazi ukuba kunjalo; kambe ke umntu angaphumelela njani xa emi enkundleni noThixo?

3Noba ungade uzimisele ukuxoxa, awungebi nako ukuphendula nomnye kwiwaka lemibuzo yakhe.

4Kaloku yena sisilumko esibalaseleyo ngamandla; akukho mntu unokumelana naye aze aphumelele.

5Kaloku yena neentaba ezi usuka azisiphule zingazi zona; ewe, ngaloo ngqumbo yakhe usuka azibhukuqe.

6Yena nomhlaba lo uyawugungxula, neentsika zawo zitsho ziqhaqhazele.

7Nelanga uthetha nalo litsho lingaphumi, ke zona iinkwenkwezi uzigubungela zitsho zingaveli.

8Nguye owawatwabululayo amazulu, waza wandolosa phezu kwawo amaza olwandle.

© 1996 Bible Society of South Africa.

9Nguye umenzi weendidi zeenkwenkwezi, oozibhere noomakroza, isilimela nomthala wasezantsi.

10Yena ngumenzi wezinto ezinkulu ezingaphicothekiyo; kanti nemiqondiso yakhe ayinakubalwa.

11Nokuba selegqitha ngakum andinako ukumbona; uthi tshe ndingaqondanga mna.

12Khona selengade athathe into, ngubani ongamnqandayo? Akekho nongabuzayo athi: ‘Wenza ntoni ke?’

13Kaloku uThixo akabuyi ngamva ngengqumbo yakhe; neentshaba zakhe ezazithelela uRahabhi isilo saselwandle wazinyhasha.

14“Bendingubani ke mna ukuba ndingade ndiphendulane naye? Khona, ndingawazuza phi amazwi okuxoxa naye?

15Nditsho sendimsulwa, andingeze ndamxoxisa; nto endingayenzayo kukuzibika ndimbongoze uMgwebi wam.

16Nokuba sendizibika kuye, naxa angade andiphendule, anditsho ukuba angakuva ukuzithethelela kwam.

17Kaloku yena undintlitha ngenzwinini yesaqhwithi, anditsho imivumbo ixananaze ngaphandle kwesizathu.

18Akandiniki neli lokukhok' umoya ithuba, koko unditsho ndanengcwangu.

19Xa kuthethwa ngamandla, nguye onawo; xa kuthethwa ngobulungisa, nguye onokundimangalela.”

UYobi: Andinabala, kodwa andizibaleli ntweni

20“Ndimsulwa ndinjalo, kodwa ndigwetywa kwangumlomo wam. Nangona ndingade ndibe andinabala, yena angandifumana ndinetyala.

21Ewe, andinabala, kodwa andizibaleli ntweni; nto nje ndikruqukile bobu bomi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

22Kuba kaloku kuyafana; yiyo loo nto ke ndithi: ‘Yena utshabalalisa bonke,
abamsulwa ngokunjalo nezaphula-mthetho.’

23Isithwakumbe sithi sakuzisa ukufa yena aphoxise ngaso isibetho
sabamsulwa.

24Ihlabathi lisezandleni zezikhohlakali; ke bona abagwebi ubamfamekisile. Xa
ingenguye ke uthi ngaba ngubani?

25“Imihla yam ikhawuleza ngaphezu kwembaleki; ewe, ibaleka gqitha, ibe ke
ayinayo nanto incomekayo.

26Iphala njengesikhephe seengcongolo; ikhawuleza ngathi lukhozi lurhiwula
ixhoba.

27Noba sendisithi: ‘Hayi, ngoku ndiza kukhe ndizingcwabe izikhalazo zam,
ndibobotheke ndihlale ndizonwabele,’

28ndisuka ndoyike ndibe namanwele, kuba ndiyaqonda ukuba wena akungeke
undibalele njengongenatyala.

29Ke, ukuba ndiza kugwetywa, ngani ukuba ndibe sazabalaza?

30Noba ndingade ndihlambe ngekhephu, izandla zam ndizicoce ngesephu,

31wena uya kundiphosa emhadini, nditsho ndibe rhono-rhono, kwankqu
neempahla zam zingandamkeli.

32“Ebengumntu na kakade ukuba ndibe ndiphendulane naye? Hayi,
bendingeze ndime naye enkundleni!

33Kaloku phakathi kwethu sobabini akukho mlamli unokusahlula ngezandla
zakhe.

34Hayi bo! Khawumke noswazi lwakho khon' ukuze ndingabi sankwantya
ndisoyika isohlwayo.

35Xa kunjalo ke ndingatsho ndithethe ndingenaloyiko, kodwa ngale ndlela
izinto zimi ngayo ngoku andinako.”

UYobi 10

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

UYobi: Khawundiyeke ndiphumle

1“Kwowu, ndidikiwe bobu bomi! Ngoko ke ndosuka ndithethe utyhatyhiwe,
isikhalo sam ndisitsho ndibindekile!

2Ewe, ndiya kuthetha naye ndithi: ‘Ngani ukuba undigwebe, Thixo? Hayi
kaloku, ndazise ityala kuqala.

3Ikunceda ntoni wena ingcinezelo enje, ukutshabalalisa umsebenzi wezandla
zakho, uze uthelele amacebo ezikhohlakali?

4Ngaba amehlo akho afana nawabantu na? Ngaba nawe ubona njengomntu?

5Ngaba imihla yakho ifana neyomntu? Ngaba iminyaka yakho ifana neyakhe
na?

6Ngani ke ukuba ugqogqe iziphoso zam, uzingelane nesono sam?

7Kaloku uyazi ukuba andinatyala, ibe ke futhi uyazi ukuba akekho
ongandihlangulayo esandleni sakho.

8“ ‘Ndenziwa nguwe nje, ndabunjwa zizandla zakho, ngaba ngoku uza kujika
unditshabalalise?

9Khumbula kaloku ukuba wandibumba njengodongwe! Ngaba ke ngoku uza
kundivuthulula ndibe luthuli?

10Andithi na kaloku wandithulula njengobisi, ndaza ke ndakhanywa
njengengqaka?

11Kaloku wandibumba ngamathambo nemisipha, wandinxibisa inyama,
wandambathisa ufele.

12Wandinika ubomi, wandambesa ngezibele; undinonophele ke wandixhasa.

13“ ‘Kambe ke zonke ezi zinto undifihlele, kuba le ibiyinjongo yakho kakade.

14Kaloku wena ube ugade ukuba ndone ukuze undigwebe ngenxa yesono sam.

15Ukuba ke ndisisikhohlakali kunyembelekile kum! Kambe ke noba
ndililungisa andinaqhayiya, kuba ndibandezelekile, ndambethwe lihlazo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

16Noba ndingade ndiqholose wena ungandizingela njengengonyama, uphinde
wenze kum ngokwaloo mandla akho amangalisayo.

17Usoloko unamangqina andintywiliselayo, ibe ke nengqumbo yakho iyakhula
ngakum, kuba uyaphindelela ukundihlasela.

18“ ‘Kwakutheni ukuze undiyeke ndizalwe? Awu! Akwaba ndandife
ndingekalanywa naliliso eli!

19Ngoku ngendifana nongazange abekho, kuba ngendavela nje ndasiwa
engcwabeni.

20Ewe, bufutshane kambe ubomi bam! Hayi khona, khawundiyeke ndikhe
ndiphumle kancinane!

21Kaloku ngoku ndiyahamba, ibe ke soze ndibuye; ndiya kwilizwe lethunzi
nobumnyama.

22Ewe, ndiya kwilizwe lobumnyama namathunzi, nelesithokothoko
sobumnyama, apho ukukhanya kufana nobumnyama.’ ”

UYobi 11

UZofare: Yolulela izandla kuThixo

1Ke uZofare waseNama waphendula wathi:

2“Uthi kungathi cwaka, ingaphendulwa le nyambalala yamazwi akho? Ucinga
ukuba ukulavuza okunje kungamthethelela umntu?

3Uthi oku kubhobhoza kwakho kuya kusenza sithi cwaka? Uthi wena ngoku
uphoxisa thina masikuyeke singakuphoxi?

4Andithi na kaloku wena uthi imfundiso yakho imsulwa, nawe ngokwakho
awunabala phambi koThixo?

5Awu, akwaba uThixo ebengadandulukayo athethe nawe,

6akhe akubonise iingontsi-ngontsi zobulumko! Kuba kambe kunzulu ukwazi
kwakhe! Yiqonde into yokuba esi sohlwayo akunike sona uThixo siyalaba-
laba kubutyala bakho.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7“Uthi ungahle uziqonde iingontsi-ngontsi zobunzulu bukaThixo, ngokunjalo
nobungakanani bamandla kaSomandla?
8Hayi bo, úngaphaya kwakho, namazulu uwakrobele! Ewe, yena ubona
nelabafileyo, ube ke wena awazi nto!
9UThixo ulivelele ihlabathi, kanti ke ulukrobele nolwandle!
10Ukuba ke usuka akubambe edlula, aze akuse ematyaleni, ngubani
ongamnqandayo?
11Kaloku yena uyabazi oongantweni; ke, xa ebona ububi ùthi makangenzi
nto?
12Ke zona iziyatha zoza zibe nengqondo mhla iqwarha lazala umntu!
13“Ukuba uthe wayisebenzisa ingqondo yakho, unganako ukolulela izandla
kuThixo.
14Ukuba uphethe ububi yahlukana nabo, nezinto zenkohlakalo
mazingafumaneki nasemzini wakho.
15Ukuba unokwenjenjalo ke unganako ukuma ungenaxhala nganto, ume
ngxishi ungenadyudyu.
16Ngako ke ungatsho uyilibale yonke le mbandezelo; ewe, ilibaleke
njengeempuphuma zomlambo oseluwuthile.
17Ke bona ubomi bakho buya kutsho buqaqambe ngathi kusemin' emaqanda.
Le meko yakho yokubandezeleka ijike ibe yeginyis' amathe, oku
komsobomvu.
18Uya kutsho uzithembe, kuba kaloku nekamva liqaqambile. Ngenene uya
kuhlala ukhuselekile ungenaxhala.
19Uya kuthi zava ungenadyudyu, bathi nabaninzi bacele uncedo kuwe.
20Ke zona izikhohlakali ziya kucinywa amehlo, abe ke namathuba
okuphuncula engasekho, kuphela kwanto iseleyo kukuqhawuka.”

UYobi 12

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

UYobi: Ngubani ongàzaziyo ezi zinto?

1Ke uYobi waphendula wathi:

2“Inene, ningabona bantu; ibe ke nobulumko buya kufa nani!

3Kambe ke nam ndinengqondo njengani; anindidluli nganto. Kakade ke nithi ngubani ongàzaziyo ezi zinto?

4“Mna ndiyakhala kuThixo, aze andiphendule; kodwa ngoku sendiyintlekisa nakwizihlobo zam – ewe, ilungisa lomfo ongenabala, kambe ke namhlanje ndisisigculelo!

5Oseshweni uyadelwa ngabathe zava; ogxadazelayo uyakhatywa!

6Kukho ulonwabo ezindlwini zezikrelemnqa; abamqumbisayo uThixo bakhuselekile; nditsho abo bacingayo ukuba uThixo usezandleni zabo.

7“Kodwa ke khanibuze nakwiinyamakazi, ziya kunifundisa; nibuze nasezintakeni, zinixelele.

8Khaningqawe ulwazi nakwizilo zomhlaba, ziya kuninika; ninkinkqe ukuqonda nasezintlanzini elwandle, ziya kuniphokozela.

9Phakathi kwazo akukho ungaqondiyo ukuba le nto yenziwe nguNdikhoyo.

10Kaloku zonke izinto eziphilayo zisesandleni sakhe, nobomi boluntu lonke buxhomekeke kuye.

11Kaloku kwanjengokuba umlomo usiva ubunjani bokutya, nendlebe ke iyawaphicotha amazwi.

12Ubulumko buyafumaneka kwiingwevu; ke bona ubudala buza namava.

13“Kanti ke yena uThixo unobulumko namandla, amacebo nengqiqo.

14Into ayiqhaqhileyo akukho mntu unokubuya ayakhe; ngokunjalo nomntu amvaleleyo akukho ungamvulelayo.

15UThixo akuwavalela amanzi kuyabalela; kanti ke akuwavulela kutsho kube ziimpuphuma.

© 1996 Bible Society of South Africa.

16Ukomelela noloyiso lolwakhe, kanti ke nabakhohlisi ngokunjalo
nabakhohliswa basesandleni sakhe.

17Yena amaphakathi uwatsho ancitheke, nabagwebi abatsho babe ziimpanga-
mpanga.

18Uyawakhulula amakhamandela aqhotyoshwe ngookumkani, aze bona
ngokwabo abanxibise umbhinqo wamabanjwa.

19Ababingeleli ubatsho baphoxeke, aze wona amakhwahla awakhiqe.

20Amaciko athenjiweyo uwatsho abhibhidle; aze ayiphuthise nengqiqo
yamadoda amakhulu.

21Amatshawe uwahlaza ngendelelo; ke zona iingwanyalala uzihlutha
izixhobo.

22Utyhila izinto ezifihlakele ezinzulwini zobumnyama, nobona bumbonde-
mbonde abujike bube kukukhanya.

23Uyazikhulisa izizwe, abuye azivuthulule; azithi jize ngobungangalala, abuye
aziyekele zithinjwe.

24Iinkokheli zezizwe uzitsho zibe zizithwanga-thwanga, zifathule zibhadula
enkangala.

25Ngoko ke ziphutha-phutha ebumnyameni, kungekho kukhanya; zigxadazele
njengamanxila.

UYobi 13

1“Hayi kaloku, zonke ezi zinto sendikhe ndazibona ngala wam amehlo; ewe,
ndizivile ngezi zam iindlebe, ndaye ke ndiziqonda.

2Zonke ezi zinto nizaziyo nam ndiyazazi; anindidlule nganto.

3Kambe ke mna okunokwam ndifuna ukuthetha noSomandla, ndiwaneke
ndiwuxoxe naye lo mcimbi.

4Ke nina nilibele kukugquma inyaniso ngobuxoki; nifana nqwa neqithilili
logqirha ongenakunyanga mntu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5Akwaba beningathi cwaka; oko kuthula kwenu bekungaba bobona bulumko benu.

6Khaniphulaphule xa ndixoxayo, nive ukuzithethelela kwam.

7Nicinga ukuba ningakuThixo, nide nikhuthaze intswela-bulungisa nje? Nithi ninceda yena ngale nkohliso?

8Ngaba nizama ukuthatha icala ngenxa yakhe? Nifuna ukuthethela uThixo?

9Nithi kunganjani xa anokuthi anigoca-goce? Mhlawumbi naye nithi ningamkhohlisa ngale ndlela nibakhohlisa ngayo abantu?

10Inene, uya kunohlwaya, ukuba nenza isheyi ngokufihlakeleyo.

11Ewe, ubungangamsha bakhe buya kunirhwaqelisa, nonganyelwe kukunkwantya.

12Kaloku ezi zangotshe zenu zifana nelahle elinothuthu; zaye ke nezi ngxoxo zenu ziya kusumka ngathi ludongwe."

UYobi: Mandiyandlale kuThixo imeko yam

13"Sukan' apha! Khanindiyeke ndithethe utyhatyhiwe, yehl' ehlayo!

14Ngoku ndiza kuzibeka esichengeni, ubomi bam bube semngciphekweni.

15Noba selengade andigwinte andikhathali; kodwa ukuxoxa oku ke kona ndiza kuxoxa, ndiyandlale kuThixo imeko yam!

16Mhlawumbi le nto yeyona ingandisindisayo, kuba ke akukho saphula-mthetho singade sibe nokujongana naye.

17Khanibaz' iindlebe nindiphulaphule, niyiqwalasele ingcaciso yam.

18Hayi ke, ngoku sendiqule ndaligangatha; futhi ndiza kuyibeka imeko yam, ndixoxe ndiphume phambili.

19Ngaba ukhona na ongabambana nam? Kuba xa kunjalo ndothi cwaka ndife.

20"Masivumelane ngezi zinto zimbini, Thixo, ukuze ndingabi sazama kuzifihla kuwe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21Sirhoxise kum isandla sakho, sahlukane nam; mandingabi sahlala
ndirhwaqele ndisoyika wena.

22Uze uthethe, ndiya kukuphendula; okanye kuya kuthetha mna, ke wena uze
undiphendule.

23Bungakanani na ubugwenxa bam nesono sam? Ndazise ubutyala nokona
kwam.

24Ngani ukuba undifulathele, undithathe njengotshaba?

25Ngoku sowusukelisana negqabi eliphephethekayo? Uhlasela inkintshi-
nkintshi yomququ?

26Kaloku undimangalela ngezityholo ezinzima; ude undityabeke ngobutyala
bam basebuntwaneni.

27Iinyawo zam uzikhonkxa ngezikhuni; uyazigqala zonke iindlela zam,
uzicandele umda iintende zeenyawo zam.

28Ngenxa yoko ndivuthuluka njengevithi; sendifana nempahla edliwe
ngamanundu."

UYobi 14

UYobi: Mifutshane imihla yomntu, izele ziinkathazo

1"Hayi kambe umntu, intw' ezelwe ngumfazi! Mifutshane imihla yakhe; izele
ziinkathazo.

2Uvela njengentyatyambo, akhawuleze abune; uthi tshe oku kwesithunzi,
aphel' emehlweni.

3Uthi onjalo ke ungamgqala, ude ume naye enkundleni umgwebe?

4Ngaba ukhona na ongakhupha into ehlambulukileyo
kwengahlambulukanga? Unotshe, akukho namnye!

5Kaloku imihla yakhe seyimisiwe, nenani leenyanga zakhe liyaziwa nguwe;
kananjalo ke ummisele umda angenakuwutsiba.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6Somyeka, ungabi samjonga, akhe aphumle njengomqeshwa ogqibe umsebenzi wemini.

7“Umthi xa ugawuliwe lisekhona ithemba ngawo; awunakufa kuphele, usenokubuya uhlume amagqabi.

8Noba ingakhula ibe ndala ingcambu yawo emhlabeni nesiphunzi sawo sife apho simile khona,

9uthi nje ukuba ukhe wasezela ukunyepha kwamanzi, utsho uhlume, uvelise amasebe njengegatyana lomthi.

10Ukanti ke yena umntu uyafa, iphel' intw' ibithethwa. Ewe, uyafa aphel' emehlweni.

11Njengokuba amanzi echibi ephela, namanzi omlambo esitsha ome;

12nomntu ke unjalo, ulala phantsi angabuyi avuke. Ibe ke soze aphinde avuke, okanye ashukunyiswe kobo buthongo bakhe, ade amazulu angabi sabikho.

13“Akwaba ubungandifihla kwelo labafileyo ide ithothe ingqumbo yakho, uze ke undimisele ixesha oya kundikhumbula ngalo.

14Ukuba ngaba ke umntu ufile, angabuya aphile? Xa kunjalo ngendilinda yonke imihla yokubulaleka kwam, lide lifike ixesha lokukhululeka kwam.

15Ngewundibiza, ndisabele ke mna, kuba wena ukulangazelela ukubona umsebenzi wezandla zakho.

16Ngewuzibala izinyathelo zam, ungaziqwalaseli noko iziphoso zam.

17Zonke izikreqo zam ziya kuvalelwa engxoweni, ubugqume ubugwenxa bam.

18-19Kodwa wena uyalitshitshisa ithemba lomntu, oku kweentaba ezidilikayo zivuthuluke, oku kwamawa asunduziweyo angabi sabakho, nditsho oku kwamanzi awadlayo amatye, okwezandyondyo zemvula eziwukhukulisayo umhlaba.

© 1996 Bible Society of South Africa.

[20]Umntu umvikiva kube kanye, angabi sabikho; uguqula ubuso bakhe, umgxothe.

[21]Oonyana bakhe noba sebewongekile, akaqondi yena; ukanti akaboni naxa sebehlazeka.

[22]Kaloku into emdlayo yintlungu yesiqu sakhe, abe ezililela yena buqu.”

UYobi 15

UElifazi: Kutheni ukuba uvukelane noThixo?

[1]Ke uElifazi waseTeman waphendula wathi:

[2]“Uthi isilumko singaze sitsho ngembudede enje? Singathi kanti sihlalele ukubhodla umoya wasempuma?

[3]Wawusibona phi isilumko esibhibhidla kanje xa sixoxayo, esisuka sizithethelele ngamazwi ayimfeketho njengawe lo?

[4]Wena ngoku uyakuphuthisa ukuthobela uThixo; ngale ndlela yakho akukho bani ongaphinda anxulumane noThixo.

[5]Ukuthetha kwakho sekulawulwa bubugwenxa; ulwimi lwakho luvuza amaqhinga.

[6]Wena awugwetywa nandim, koko ngumlomo wakho, ngamazwi akho kanye akugwebayo.

[7]“Nguwe na umntu wokuqala ukuzalwa? Ngaba wavela kungekabikho neentaba ezi?

[8]Ngaba wawukho kwigqugula likaThixo? Ngani ke ukuba ububange kangaka ubulumko?

[9]Zinto zini ezi zaziwa nguwe wedwa singazaziyo thina? Ngaba kukho izinto eziyintsonkotha ezicace kuwe wedwa?

[10]Thina sineengwevu namadoda amakhulu, amadala nditsho nakuyihlo.

[11]Kutheni ukuba unganeli yintuthuzelo kaThixo, okanye ngala mazwi sikubongoza ngawo?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Yintoni le ikulahlekisa kangaka? Atshawuziswa yintoni amehlo akho?

13Kutheni ukuba uvukelane noThixo, ude uthethe amazwi anje?

14“Nguwuphi umntu ongade abe nyulu, ingubani kwabazelweyo ngabafazi ongafumaneka engenatyala?

15Khumbula kaloku ukuba uThixo akathembanga nditsho neengcwele zakhe zasezulwini; ewe, nezulu ngokwalo alikho nyulu emehlweni akhe.

16Ubeka phi ke yena umntu eyinto elisikizi ephuthileyo nje? Kuxa engubani esela uluchwe lobubi nje oku kwamanzi?

17“Khawuphulaphule ndikhe ndikuxelele, ndikwazise izinto endizibonileyo.

18Nditsho ezo zaxelwayo zizilumko njengoko zona zingafihlelwanga ngamanyange.

19Kaloku wona eli lizwe alinikwa laba lelawo odwa kungekho maveza-ndlebe.

20Isikhohlakali sihlala sibhinyalaza singcungcutheka yonke imihla yaso; ewe, bunjalo ke bonke ubomi bomntu ongqwabalala!

21Kaloku sisoloko sisothuswa yingxolo esezindlebeni zaso; size sihlaselwe xa sizicingela ukuba sikhuselekile.

22Asinathemba lakuphuncula ebumnyameni kuba sihleli silindelwe likrele.

23Kaloku lo mntu usesichengeni sokuba kukutya kwamaxhalanga; uqonda kakuhle ukuba yintshabalalo ngaphambili.

24Usuka onganyelwe yinkxwaleko nomva-ndedwa, kanye oku kokumkani esiya kuhlasela.

25Kaloku yena usolulele kuThixo isandla sakhe, wazenza igorha kuSomandla,

26emhlasela engakhathalele, ephethe elo khaka lakhe elingqingqwa.

27“Noxa ubuso bakhe bugutyungelwe ngamanqatha, nemihlubulo yakhe ivuthelene kukutyeba,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

28izixeko zakhe ziya kuba ngamanxuwa; indlu yakhe ilil' ibhungane;
ngokukhawuleza iza kuba ngamabhodlo nje.

29Ewe, uya kuphelelwa kukuba sisityebi, ize nendyebo yakhe ibhange,
nditsho nenzuzo yakhe ingabi sabakho kulo lonke ilizwe.

30Akayi kubuphepha ubumnyama bokufa. Ihlumelo lakhe liya kurhawulwa
lilangatye, amazwi akhe aphephetheke nomoya.

31Makangazikhohlisi aqamele ngamampunge, kuba inzuzo yakhe iya kuba
lilize.

32Uya kutshazwa phambi kwexesha, amagqabi angaze abe luhlaza.

33Uya kufana nomdiliya ovuthuluke iziqhamo ziseluhlaza, nqwa nomnquma
ovuthuluke iintyatyambo.

34Lonke elo qela labangamnquliyo uThixo aliyi kuba nanto, nemizi yabo
eyakhiwe ngezinyobo iya kuvuthululwa ngumlilo.

35Kaloku bakhawula ububi, bazale uqhushululu, inzala yabo ibe yinkohliso.”

UYobi 16

UYobi: Ukho ongakum ondithethelayo kweliphezulu

1Ke uYobi waphendula wenjenje:

2“Zonke ezi zinto nindixelela zona sendikhe ndaziva ngaphambili; inene, xa
ninonke ningabathuthuzeli abangento.

3Ngaba le ntshwaqane yenu ayinasiphelo? Nomelezwa yintoni kangaka
engxoxweni?

4Nam bendingathethayo ngolo hlobo xa ibinini abakule meko ndikuyo;
bendiya kuthetha nani ndimana ndichan' amagama, ndide ndimane
ndihlunguzela intloko.

5Bendiya kunomeleza ngamacebiso, ndinithuthuzele ngamazwi alalanisayo.

6“Kambe ke, nokuba ndiyathetha, intlungu le ayisuki; kanti ke nokuba
ndithule, kusafana.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Hayi ke, ngoku uThixo undiqobile; usapho lwam uluvuthulule bhuqe!

8Ndifunyenwe nguye, kwaza oko kwaba bubungqina bokundityhola; ukonakala komzimba wam bubungqina obundidobelelayo.

9Ngale ngqumbo yakhe undiqwengile wandenzakalisa; undisinekele ngaloo mazinyo akhe; yena mchasi wam uyandijamela.

10Abantu bathetha ngam bendigxeka; bandimpakaza esidleleni ngengcikivo, bebonke badibana ngokundichasa.

11UThixo undiyekele ngezaphula-mthetho, wandinikela ezandleni zezikhohlakali.

12Mna bendingacingele nto, suka ke yena wandintlekeza, wandibamba ngobhongwana, wandiqwenga. Ewe, mna sendiyeyona nto ajolise kuyo.

13Abeentolo bakhe bandirhawule; undincule izintso engenalusini, wayiphalazela emhlabeni inyongo yam.

14Undingxwelerhe wada wandiqusha; ufunzela kum okwejoni.

15“Ngoku sendithe wambu ezokuzila; uphondo lwam luseluthulini.

16Sendilile ndada ndambatsha; ke wona amehlo am ade af' amnyama.

17Kambe ke phofu mna andinabundlongo-ndlongo, nomthandazo wam kuThixo awunakumbi.

18“Yini na, mhlaba! Sukulingcwab' igazi lam! Isikhalo sam masivakale!

19Kaloku nangoku ingqina lam lisemazulwini; ewe, ukho ongakum ondithethelelayo kweliphezulu.

20Sendiyintlekisa nakwizihlobo zam; ke iinyembezi zam ndiziphalaza phambi koThixo.

21Akwaba ebenokulamla phakathi komntu noThixo njengoko ebakho umlamli phakathi komntu nomhlobo wakhe!

22Kuba kaloku akuseminyaka mingaphi ndithathe uhambo olungabuyiyo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

UYobi 17

UYobi: Akukho themba kwelabafileyo

1“Umoya wam wonakele, nemihla yam iphelile; ngoku sending'ong'ozelwe
lingcwaba.

2Inene, ngapha nangapha ndiphahlwe ngabandigculelayo; ewe, ndijongene
nentiyo yabo.

3“Nceda, Thixo, undibekele isibambiso. Kakade ke ibingubani omnye
ongandikhuselayo?

4Kaloku iingqiqo zabo uzithe lwale ngokungaqondi; ngoko ke
mabangandoyisi.

5Kaloku umntu ongcothoza izihlobo zakhe ngenxa yenzuzo, abantwana bakhe
baya kufa amehlo.

6“Undenze ndaba ngundaba-mlonyeni kubantu bonke, into etshicelwa
ebusweni.

7Ngenxa yeenzingo amehlo am selede anorhatyazo; sendide ndayingcadalala
ephephukayo.

8Abo banyanisekileyo ke bamangalisiwe; ewe, abamsulwa bayakhathazeka
ngenxa yabachasene noThixo.

9Olilungisa ubambelele nkqi endleleni yakhe, ngokunjalo ke nabo bazandla
zimsulwa baya besomelela ngokomelela.

10“Kambe ke, noba niyaphinda nibuye xa ninonke, andiyi kufumana nasinye
isilumko apho phakathi kwenu.

11Imihla yam iphelile, namacebo am achithakele, ngokunjalo neminqweno
yam ivuthulukile.

12Ubusuku bathi yimini; kanti xa kuhlwayo bathi sekuza kusa.

13Uthi ke, xa ndingasuka ndithi elabafileyo likhaya lam, ndize ndizandlalele
kwamnyama-ndawo,

© 1996 Bible Society of South Africa.

14okanye ke, xa ndinokuthi ingcwaba ngubawo, ndize ndithi iimpethu
ngumama nodade wethu:

15liphi ke ithemba lam, ingubani khona onokundibonelela?

16Ngaba bendinokuhla nalo na ndiye emasangweni elabafileyo? Bendinokuhla
nalo na, ndiye kuphumla nalo eluthulini?”

UYobi 18

UBhildadi: Sisikhohlakali esihlelwa ngumonakalo

1Kwesi sithuba ke kuthathise uBhildadi, umfo waseShuwa, wenjenje:

2“Koda kube nini untyuntya? Hayi bo, khawubuyel' ezingqondweni, nathi ke
sithethe!

3Kutheni ukuba usiphathe okwezilwanyana? Ngaba usibona siziziyatha
ezinjalo?

4Uyazenzakalisa ngalo msindo wakho. Ngaba umhlaba mawujike ube
yinkangala ukungqinela ukunyaniseka kwakho? Uthi makudilik' amawa
ezindaweni zawo?

5“Hayi kaloku, isibane sesikhohlakali siza kucinywa, futhi ke nelangatye laso
soze liphinde livuthe.

6Ukukhanya kuya kujika kube bubumnyama endlwini yaso; ewe, isibane saso
siya kucinywa.

7Siza kuphelelwa kukunyantsula, sikhutyekiswe kwalelaso iqhinga.

8Iinyawo zaso ziya kugaxeleka kwisabatha, size sigxalathelane siye kuthi
gxwa emhadini.

9Umgibe wosuka usithi hlasi ngesithende, usiqhoge usibambe ntshilikithi!

10Kaloku sibekelwe isabatha emhlabeni, sacutshelwa unoxhaka endleleni
yaso.

11Lo mntu urhwaqeliswa zizoyikiso ngeenxa zonke; zimthe mbende zimpheka
zimophula.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Inkxwaleko imlambele; uhlala ezingelwa sisithwakumbe.

13Uthiwe mome sisifo esilenceza ulusu lwakhe; ewe, kanye izibulo lokufa limgrenya amalungu omzimba.

14Woqwengelwa apho kwelo nqugwala liyinqaba yakhe, suka ukufa kumqweqwedisele kwikumkani yezoyikiso.

15Akukho nto iyeyakhe iya kusala kwelo nqugwala lakhe; kaloku isulfure evuthayo iya kusasazeka phezu kwalo.

16Phants' apha iingcambu zakhe ziya koma, kanti ke wona amasebe akhe atshaze phezulu phaya.

17Udumo lwakhe luya kutshitsha elizweni, negama lakhe lilibaleke ehlabathini.

18Wogxothwa kweli lizwe lokukhanya, akhatshelwe ebumnyameni; ewe, uya kunikw' uphum' aphele kwelimiweyo.

19Akayi kushiya mlibo nanzala phakathi kwamawabo; ngenene akayi kushiya nempunde le kwelakowabo.

20Abasentshona bothi bakuyiva le ntlekele bakhamnqe; kanti ke abasempuma bothi bakuva ngesi sibetho batsho babamb' ongezantsi!

21Kuya kuba njalo ke kwindlu yesikhohlakali. Ewe, injalo indawo yongamkhathalelanga uThixo!”

UYobi 19

UYobi: Ndiya kumbona uThixo

1Ke kaloku waphendula uYobi wathi:

2“Yaz'ba koda kube nini na nindingcungcuthekisa, nindaphula nindikroboza ngamazwi?

3Kunini niphoxisa ngam! Aninantloni ukundihlasela kangaka?

4Khona sekusithiwa ndonile, ningena phi ke nina?

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Eyona nto ngoku niyandivuyelela; kuni ezi nkathazo zam zibonisa ubutyala bam.

6Anisaboni ke nina ukuba nguThixo lo undifake kule ngxingwa? Ewe kaloku, nguye ondigubungele ngomnatha.

7“Ndiba ngakhwaza ndisithi: ‘Ugonyamelo!’ andifumani nokuhoywa oku! Futhi ndibe ngazibika, akukho bani undilamlelayo!

8Yena uyivalile indlela yam ukuze ndingabi nakugqitha. Iindlela zam uzithe zinzi ngobumnyama.

9Yena undihlube iwonga lam, wandihlutha naloo ntshinga bendinayo.

10Undidilize macal' onke, ndee shwaka, walincothula njengomthi ithemba lam.

11Ingqumbo yakhe uyijolise kum; undiphethe njengolona tshaba lwakhe.

12Undikhuphele umkhosi wakhe; undimbela izikanisi zokundihlasela; ujikeleza umzi wam.

13Unditsho ndabalekwa nangabantakwethu; xa kungokunje nezihlobo zam ezi zihambela phaya!

14Okwakuzizalamane zam zindishiyile, ngokunjalo nabazalana nam bandilibele.

15Abo babeziindwendwe zam abasandikhumbuli, nezicakazana zam azisandazele nto, sendithathwa njengowasemzini.

16Ndakusibiza isicaka sam, asisabeli nokusabela oku, nditsho nokuba ndiyasicenga.

17Kanti nomfazi wam weenkomo selekhutyekiswa kukuphefumla kwam; sendiliqaqa nakwabesizalo sikama.

18Sendidelwe nangabantwana aba bembala; bathi ndakuthi gqi bakrukrutheke yintsini.

© 1996 Bible Society of South Africa.

19Endandikade ndilala ngengub' enye nabo, bayandicaphukela; ukanti nâbo
ndibathandayo bandivukele.

20Izihlunu zam sezithe nca emathanjeni, nolusu lwam sendilonwaya
ngamazinyo.

21“Hoyina! Hoyina, balingane bam; khanibe nebuya-mbo! Kaloku sisandla
sikaThixo esi sindenze ndanje!

22Ngani ukuba nani ninditshutshise njengoThixo? Hayi kaloku, noko ngoku
sekwanele!

23Akwaba ebekho owabhalayo la mazwi am; akwaba ebeshicilelwe
encwadini!

24Ngenene akwaba la mazwi ebekrolwe elityeni ngentsimbi ebukhali
nangelothe, khon' ukuze ahlale ehleli nanini nanini!

25Kambe ke ndiyazi ukuba umkhululi wam ukho; ekugqibeleni iya kuba
nguye otshatshelayo ehlabathini.

26Nokuba ulusu lwam lungade ludlavulwe sesi sifo, noko uThixo yena ndiya
kumbona ndidlavuke ndinjalo!

27Ewe, ndiya kumbona ngala wam amehlo, indim, ingenguye wumbi. Loo nto
ndiyilangazelela ngomxhelo wam wonke.

28Ke nina nisuka nithi: ‘Hayi ukungcungcutheka kwakhe! Yabe ingcambu
yaloo nto ikuye ngenkqu.’

29Kambe ke lilumkeleni ikrele elifunza kuni, ikrele lengqumbo kaThixo
ngenxa yesono; liya kunenza niqonde ukuba ukhona umgwebi.”

UYobi 20

UZofare: Imincili yalowo ungamnquliyo uThixo yeyomzuzwana nje

1Ke kaloku uZofare waseNama waphendula wathi:

2“Ukudubeka kwam kundibangela ukuba mandiphendule; kunditsho
ndikungxamele ukuthetha.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Ngale ndlela undigxeka ngayo uyandihlaza, kodwa ndiza kukuphendula
ngengqiqo.

4Ngaba akuyiqondi le nto, ingathi lisiko lidala nje? Laqala kwaukufika
komntu wokuqala ehlabathini.

5Nditsho le nto yokuba ulonwabo lwesikhohlakali alubhekele phi. Kaloku
imincili yalowo ungamnquliyo uThixo yeyomzuzwana nje.

6Ewe, yena angasisihandiba esiwakrobeleyo namazulu, abe sisikhulu
esintloko irheca amafu,

7kodwa wosuka adake kuphele njengelindle lakhe, baze abo bebembonile
bathi: 'Utshone phi na?'

8Usuka athi shwaka njengephupha, azimele njengombono wasebusuku,
angaze aphinde alanywe bani.

9Ababehlala bembona abaphindi bambone, futhi nendawo yakhe ingaze ibe
samalama.

10Abantwana bakhe baya kubabuyekeza abasweleyo, izandla zakhe zibuyisele
ubutyebi bakhe kubo.

11Nakuba wayefudula enamandla ngeemini zobutsha bakhe, kodwa ngoku loo
mandla aya kulala eluthulini kunye naye.

12"Inkohlakalo inganambitheka kamnandi emlonyeni wakhe, ade ayigushe
phantsi kolwimi.

13Anganamathela kuyo angavumi ukwahlukana nayo, asuke akhethe ukuhlala
eyimumathile ngenkalakahla.

14Kodwa ke oko kutya kwakhe esiswini sakhe kosuka kukrakre, kube ngathi
yityhefu yephimpi.

15Kaloku umntu okhohlakeleyo ubutyebi ubuginya ajike abuhlanze; uThixo
ubugrumba nakweso sisu sakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Isikhohlakali simfimfitha ubuhlungu bamaphimpi, buze busibinze kanye oku kobuhlungu berhamba.

17Asihlali side sibone imilambo empompoza amanzi, okanye iintlambo ezinkcenkceza ubusi namasi.

18Ukubulaleka kwaso kufuneka sikuncame singakhange sikuxhamle; kaloku asilifumani ithuba lokubutya ubutyebi baso, sinambithe imveliso yokurhweba kwaso.

19Andithi na kaloku sona saphila kukucinezela abahlelelekileyo; izindlu sizifumana singazakhanga?

20“Kaloku ukunyoluka komntu okhohlakeleyo akunasiphelo; ulixhoba leminqweno yakhe.

21Utya konke, angashiyi nto; ngoko ke ngoku inkqubela yakhe isuke yanqamka.

22Uthi xa asencotsheni yempumelelo ahlelwe ziinzima; zisuke zimfikele ngamandla iinkathazo.

23Angatya yena ahluthe mpu, kodwa uThixo wosuka amnisele ngengqumbo yakhe, amohlwaye ngokumzisela imfazwe.

24Xa azama ukuphepha ikrele elenziwe ngentsimbi uya kuchanwa lutolo lobhedu, lumbinze luphumele.

25Xa elikhupha emqolo, encothula intloko yalo ekhazimlayo enyongweni, wosuka onganyelwe kukunkwantya.

26Yonke indyebo yakhe yovuthuluka iphele, kuthi gqi umlilo ongaphenjwanga mntu utshabalalise okushiyekileyo endlwini yakhe.

27Amazulu osuka awadandalazise amatyala akhe, ke lona ihlabathi lisuke limvukele.

28Indlu yakhe iya kukhukuliswa, imke nomsinga wamanzi ngemini yengqumbo kaThixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

29Naso ke isabelo uThixo asinika abakhohlakeleyo; ewe, elo lilifa abamisele
lona uThixo.”

UYobi 21

UYobi: Ngani ukuba abakhohlakeleyo babe nenkqubela?

1UYobi ke waphendula wenjenje:

2“Khanibek' iindlebe nindiphulaphule; leyo ke yoba yeyona ntuthuzelo kum.

3Khanindinyamezele nam ndikhe ndithethe; emva koko ke ningaqhubela
phambili niphoxise.

4“Ke mna ndifanele ukukhathazeka; kaloku andixabananga nomntu nje.

5Jongani kum: niya kumangaliswa, nibamb' ongezantsi.

6Nam ndithi ndakuyicinga le nto indihleleyo ndisuke ndikhwankqiswe, ndize
ndifikelwe kukungcangcazela komzimba.

7Ngani ukuba abakhohlakeleyo bayizuze inyhweba yokukhula bade babe
badala, baxhamle ukomelela nenkqubela?

8Bakhula babe nabantwana nabazukulwana; ewe, baba nenyhweba
yokusibukela isizukulwana sabo.

9Emizini yabo bonwabile, abakhathazwa nto; uThixo akabayekeli ngezibetho.

10Kubo iinkunzi ziyazizalisa iimazi, zingashiyi nanye; ibe ke neemazi zabo
ziyazala zingaphunzi.

11Owabo umlisela utaka-taka ngokwamatakane; abantwana babo bayadloba-
dloba.

12Ungafika bememelela bekhatshwa ziintambula neengqongqo; bangqungqa
benemincili bebetha iifluthi.

13Obabo ubomi babudla ngentlutha nenzolo, baze bathi nyubelele baye
kutshona kwelemimoya ngaphandle kwamagingxi-gingxi.

14Izikhohlakali zithi kuThixo: ‘Suka kuthi! Asinamdla wakuzazi iindlela
zakho.’

© 1996 Bible Society of South Africa.

15Zisuka zithi: ‘Kuxa engubani yena uSomandla ukuba singade simbuse?
Khona, nzuzoni esiyifumanayo ngokumnqula?’

16Kambe impumelelo yazo ayixhomekekanga ezandleni zazo. Mna
andihambisani necebo lâbo bantu bakhohlakeleyo.

17“Kukangaphi isibane sesikhohlakali sicinywa? Kukangaphi zingundaniselwa
zizibetho? Andithi na kaloku uThixo abakhohlakeleyo ubahlomlela ingqumbo
yakhe,

18aze abavuthele baphephetheke njengengca enqunqiweyo, bavuthuluke
njengomququ unyuka nesaqhwithi?

19Ngaba uThixo usibekela abantwana isohlwayo sabazali? Hayi bo;
makohlwaye abo bonileyo ngokwabo, khon' ukuze nabo baqonde.

20Abo bonileyo mabaxhamle isohlwayo, basele ingqumbo kaSomandla.

21Kakade ke, umntu uwukhathalele ngani umzi wakhe xa yena engasekho, xa
iinyanga zakhe azibalelweyo kobu bomi seziphelile?

22“Ngubani ongafundisa uThixo ulwazi? Nezithwala-ndwe zaphezulu
zisesandleni sakhe nje!

23Bambi bafa bethe gabhu kwintlala-kahle nenkqubela; bafa bengazele nto
bekhuselekile.

24Ewe, bafikelwa kukufa iimvaba zabo zizele ngamasi; nangokwasempilweni
bayimiqaba-qaba.

25Ukanti ke bambi bafa benxunguphele, bengazange bayive nokuyiva intlala-
kahle.

26Kambe ke bonke bayafa bangcwatywe, baze ke babe lixhoba leempethu.

27Ewe, ndiyakubona ukuyila kweengqiqo zenu, ngokunjalo naloo mayelenqe
niwayilayo ukuchasana nam.

28Niyawaza kubuza ke nithi: ‘Uphi umzi wesikhulu xa kunamhlanje-nje? Iphi
loo ndlu sasiyenzela kuyo inkohlakalo?’

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

29Ngaba anikhe nibuze na kwabalikhenkethileyo ilizwe? Ke, ngaba anikayiqondi ingxelo yabo?

30Le yokuba ngomhla wesithwakumbe isikhohlakali siyasinda, sihlangulwe kuyo ingqumbo!

31Akukho mntu ujongana naso asimangalele, kungekho bani usibuyekezayo ngezenzo zaso.

32Sisiwa emangcwabeni, lilindwe ingcwaba laso.

33Amagada entlambo alala athi ncwaba phezu komzimba waso. Bonke abantu bayasilandela ukuya apho; kanti sandulelwe linani elingenakubalwa.

34“Ningathini ke ukufuna ukundithomalalisa ngamazwi alambathayo? Zonke iingxoxo zenu bubuvuvu obungeyonyaniso.”

UYobi 22

UElifazi: Ubugwenxa bakho abunasiphelo

1Ke kaloku uElifazi umfo waseTeman uphendule wenjenje:

2“Ngaba ukhona na umntu oluncedo kuThixo? Ngaba angazuza lutho na kwinkintsela yesilumko?

3Uthi ngaba uSomandla unolutho aluzuzayo ukuba wena ulilungisa? Khona sekusithiwa awunabala, imnceda ntoni loo nto?

4“Ngaba uThixo angakohlwaya na ngenxa yokuba umthobela, aze akumise enkundleni?

5Akungebi ngokuba wone gqitha, nobugwenxa bakho bungenasiphelo?

6Kaloku wena amawenu uwamisele isibambiso ngaphandle kwesizathu; ude uwohluthe nempahla yawo yokunxiba, asale eze.

7Abadiniweyo benxaniwe awuluthobanga unxano lwabo, nabalambileyo ubavimbile ukutya.

8Wena ubusisinhanha esinemihlaba; ubungummi obekekileyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

9Kanti awanelanga kukungancedi bahlolokazi, koko ude waxhaphaza wacinezela neenkedama ezi!

10Ngoko ke ngoku ubhijelwe zizabatha; uminxwe naliphaphu.

11Ngoku ukhulelwe bubumnyama, awuboni; ugutyungelwe naziimpuphuma.

12“Andithi na kaloku uThixo yena uhlala emajukujukwini amazulu? Neenkwenkwezi ngokwazo kuloo malenga-lenga zikuwo yena uzivelele.

13Ube ke wena usithi: ‘Wazi ntoni uThixo? Esithwe ziingqimba zamafu nje, angasigweba njani?’

14Uthi: ‘Akaboni; uvalelwe ngamafu; kuphela uhamba-hamba phaya esibhakabhakeni.’

15Ngaba usazimisele ukuhamba indlela yamandulo, ulandele ikhondo labantu abakhohlakeleyo?

16Kaloku bona baxhwilwe kwangaphambi kwexesha labo; izikhukula zemka neziseko zabo.

17Aba ngabo babesithi kuThixo: ‘Suka kuthi. Angasenza ntoni na uSomandla?’

18Kambe ke ikwanguye ozalisa imizi yabo ngobuqhele-qhele. Phofu ke mna andihambisani neqhinga lezikhohlakali.

19“Amalungisa ayakubona ukutshabalala kwezikhohlakali, asuke avuye; abamsulwa bahlekisa ngazo besithi:

20‘Inene, iintshaba zethu zitshatyalalisiwe, nobutyebi bazo budliwe ngumlilo.’

21“Ngoko ke wena zilahlele kuThixo, ube noxolo kunye naye; kwakuba njalo ke uya kuzuza okulungileyo.

22Yamkela imfundiso ephuma emlonyeni wakhe, uwamilisele entliziyweni yakho amazwi akhe.

23Ewe, ukuba uyabuyela kuSomandla uya kwakheka; nto nje wena lahla la manyondololo aqhubeka kulo mzi wakho.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

24Igolide yakho yilahle, neyona yodidi yaseOfire yithathe njengamatye nje
aphaya entlanjeni.

25Kuphela igolide yakho mayibe nguSomandla, neengqumba zesiliva yakho
mayibe kwanguye.

26Wakuba wenjenjalo ke uya kukholosa ngoThixo uSomandla, ubujongise
kuye ubuso bakho.

27Uya kuthandaza kuye eve; ngokunjalo ke nezibhambathiso zakho
uzifezekise.

28Izigqibo zakho ziya kuphumelela, ngokunjalo nendlela yakho ibe mhlophe.

29Xa abantu bekhahlelwe phantsi uze uthi: 'Nceda ubaphakamise.' UThixo
uya kubahlangula abazithobileyo;

30ewe, ude ahlangule nongekho msulwa, emsindisa ngobunyulu bezandla
zakho."

UYobi 23

UYobi: Oko uThixo afuna ukukwenza uyakwenza

1UYobi uphendule wenjenje:

2"Nanamhlanje ndisamkhalazela ndikrakra uThixo, kuba undiphethe gadalala
nakuba sendincwina kangaka nje!

3Akwaba bendimazi apho akhoyo, ndiyazi nendlela eya apho ahlala khona.

4Bendiya kusibeka isikhalo sam phambi kwakhe, ndixoxe ndizithethelele.

5Bendiya kukhe ndimve ukuba uthini na; ndive ukuba uthetha ntoni na.

6Ngaba angasunduzana nam ngaloo mandla akhe? Hayi, uThixo ngeke
akwenze oko.

7Kaloku enkundleni yakhe amalungisa aphuma phambili. Ke ngoko uMgwebi
wam ebeya kundigwebela kuphele.

8"Ndikhangele ndamfuna empumalanga, kodwa andimfumani; ukanti
nasentshonalanga andimbhaqanga.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Nokuba usebenza kwelasentla andimboni; xa ebuyela kwelasezantsi usithele emehlweni am.

10Phofu ke uThixo uyayazi indlela endiyihambayo; ukuba unokukhe andivavanye ndingafumaneka ndimsulwa okwegolide.

11Kaloku iinyawo zam zilandela emkhondweni wakhe; indlela yakhe ndiyigcinile, andaphambuka kuyo.

12Andiyishiyanga imiyalelo yemilebe yomlomo wakhe; andenzanga ngokufuna kwam, koko ndiwathobele amazwi akhe.

13Xa enze isigqibo ngubani ongamjikayo? Oko afuna ukukwenza uyakwenza.

14Ngoko ke uya kukufezekisa konke oko andimisele kona, nditsho nokuba yintoni na ayicebileyo ngam.

15Ngoko ke ndisuka ndirhwaqele phambi kwakhe; ewe, ndithi ndakucinga ngaye ndinkwantye.

16NguThixo lo unditsho ndoyika kangaka! Ewe, nguSomandla lo undirhwaqelisayo.

17Phofu bona ubumnyama abundivalanga umlomo, nditsho esi sithokothoko sigqume ubuso bam.”

UYobi 24

UYobi: UThixo akazisi enkundleni izikhohlakali

1“Ngani ukuba uSomandla angalimisi ixesha lokugweba? Kutheni ukuba nâbo bamaziyo bangayiboni loo mini?

2Abantu bayawushenxisa umlima-ndlela. Ewe, beba iigusha bazifuye emadlelweni.

3Bayayohlutha idonki yenkedama; babambisa ngenkabi yenkomo yomhlolokazi.

4Amahlwempu bayawagila aphume endleleni, babanyanzelisele ekuzimeleni abaziintsizana belizwe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Ewe, abahlelelekileyo bavuka kusasa, bexelengela ukutya kwabo, oku kweqwarha elibhadula ezindle lifuna ukutya koozintlango; yinkqantosi kuphela ebonelela abantwana babo ngokutyiwayo.

6Ukutya kwabo bakuvuna efusini, bakhwahlaze izidiliya zezikhohlakali.

7Ebusuku balala ngengub' esele; abanazo iingubo zokubakhusela engqeleni.

8Ezintabeni phaya iimvula zibatsho babe manzi tixi, bemana bezikhusela ngokuncathama emaweni.

9Abakhohlakeleyo bathimba iintsana eziziinkedama ezisesebeleni; bathatha iintsana zamahlwempu zibe sisibambiso.

10Ewe, amahlwempu ahamba ze engenampahla; athwala izithungu izisu zithe nca!

11Akhama ioyile eminqumeni, axovule newayini ezidiliyeni; kodwa wona ngokwawo abe enxaniwe.

12Ezixekweni kuncwina amadoda, iingxwelerha ziyahlahlamba zicela uncedo, kodwa yena uThixo akazisi enkundleni izikhohlakali.”

UYobi: Inkqubela yabakhohlakeleyo yeyexeshana nje

13“Kukho abantu abangafunaniyo nokukhanya, abangafuni nokuziqonda iindlela zako, futhi bengahambisani nako mpela!

14Izikrelemnqa zivuka ekuseni ziye kugebenga abahlelelekileyo, kuze kuthi kwakuhlwa zijike zibe ngamasela.

15Ke bona abakrexezi balinda ungcwalazi, ufike sebefihl' ubuso, besithi: ‘Andiyi kubonwa.’

16Ebusuku amasela aqhekeza izindlu, aze kwakuba semini azimele angafunani nokukhanya.

17Isithoko-thoko sobumnyama sifana nemini kubo; ubusuku oboyikekayo bunjengomhlobo kubo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

18“Isikhohlakali sikhukuliswa sisikhukula; amasimi asisabelo saso
ashwatyulelwe, akusekho bani usebenzayo ezidiliyeni zaso.

19Ikhephu liyanyibilika lakudibana nobushushu nembalela; ngokunjalo
naboni bayavuthuluka kwelabafileyo.

20Nditsho nonina uyamlibala; kaloku umemethwe ziimpethu, akabi
sakhunjulwa. Ewe, isikhohlakali sinkumka oku komthi owomileyo.

21Kaloku sona siphanga abafazi abaziindlolo, singabenzeli inceba
abahlolokazi.

22Ngamandla akhe uThixo uyazishenxisa izihandiba; ewe, uThixo uthi
akusebenzisa amandla akhe zitsho ziphelelwe lithemba lokudla ubomi.

23UThixo noba angaziyeka zihlale zithe zava, kodwa usoloko ezijongile
ukusuka nokuhlala kwazo.

24Abantu abakhohlakeleyo bahluma babe nenkqubela okwexeshana, kodwa
yonke loo nto iphela ngokukhawuleza; bayadaka bafe njengamntu wonke,
bayabuna oku kwesikhwebu sengqolowa esivuniweyo.

25“Ngubani ongayiphikisayo le nyaniso? Makavele ongandiphikisayo, athi
nditheth' amampunge!”

UYobi 25

UBhildadi: Umntu akangebi msulwa enkundleni kaThixo

1Kwesi sithuba ke kuphendule uBhildadi umfo waseShuwa, wathi:

2“Kaloku uThixo nguSomagunya, nguDuma-barhwaqele; yaye ke ulugcinile
ucwangco kweliphezulu.

3Ngaba ukhona na ongazibalayo izinxiba-mxhaka zakhe? Khona ngaba kuphi
apho lungabonakaliyo ukhanyiso lwakhe?

4Ngaba kungenzeka ukuba umntu afumaniseke emsulwa enkundleni kaThixo?
Uthi ingenzeka into yokuba umntu ozelwe ngumfazi angabi nabala?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5Kaloku nenyanga ngokwayo ayiqaqambanga kangako phambi kwakhe; kanti
neenkwenkwezi ezi azingcwenganga kangako kuye.

6Kuxa engubani ke yena umntu, eyimpethu nje? Uthi unaxabiso lini unyana
womntu kuThixo, engumbungu nje?”

UYobi 26

UYobi: Ùluncedo kubani na?

1Ke yena uYobi uphendule wenjenje:

2“Kuthi mandivume ndithi ùluncedo kwababhetye-bhetye! Hayi kambe
ukubahlangula kwakho abo baswele amandla!

3Ewe, uzicebise kakuhle izityhakala; hayi, ubulumko obubonakalisileyo!

4Phofu uthi ngubani ongade aweve la mazwi akho? Khona futhe lini eli
uthetha uphantsi kwalo?”

UYobi: Ngubani ongade akuqonde ukuzongoma kwamandla kaThixo?

5“Abafileyo bayabhinyalaza kukunkwantya, kanti ke nelo lamanzi liyazibhija-
bhija kunye nabemi balo.

6Ewe, elabafileyo lityhilekile phambi koThixo; ayinasigqubuthelo
inzonzobila.

7Kaloku uThixo wasitwabulula isibhakabhaka ngasentla phaya, waza
umhlaba wawujingisa enyanyeni.

8Nguye ofaka amanzi kwiingqimba zamafu, aze loo mafu awabophe
angagqajuzwa bobo bunzima bamanzi.

9Uyayifihla inyanga ingabonakali; ewe, utwabulula ilifu lithi zinzi, itsho
ifihlakale.

10Wakwahlula ukukhanya ebumnyameni ngeso sazinge sizotywe elundini
lolwandle.

11Uthi angakhalima zitsho zihexe iintsika ezixhase isibhakabhaka; ewe, zitsho
zizama-zame zingcangcazele kukoyika.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Kaloku yena ngaloo mandla akhe waluthomalalisa ulwandle, waza kwangobo buchule bakhe wamvikiva uRahabhi isilo saselwandle.

13Ngomoya wakhe ufutha sitsho sicwenge isibhakabhaka; kanti ke ikwasisandla sakhe esangxwelerha inyoka enyubelezayo.

14Kambe ke la ngamagqabantshintshi nje amandla akhe. Thina esikuvileyo lumingi-mingi nje! Ibingubani ke ongade akuqonde ukuzongoma kwamandla kaThixo?”

UYobi 27

UYobi: Liyintoni na ithemba labangenaThixo?

1Ke kaloku uYobi uphinde wathathisa wenjenje:

2“Ekho nje uThixo, lo undivimb' ubulungisa, nditsho uSomandla lo uwenze umphefumlo wam wangcamla ubukrakra:

3Ukuba ndisaxomoloza ndisadl' amazimba, xa ngaba ndisaphila ndinomphefumlo kaThixo emathatheni am,

4imilebe yam ayisokuze ithethe inkohlakalo, ngokunjalo nolwimi lwam alusoze luthethe inkohliso.

5Andisoze ndithi ninyanisile, futhi ndiya kude ndife ndibambelele kwinyaniso yokuba ndimsulwa.

6Ndiya kuthi nca kwinto yokuba ndililungisa; andisoze ndibe nasazela yonke imihla yam.

7“Akwaba utshaba lwam lwafumana isohlwayo sabakhohlakeleyo, ngokunjalo nombandezeli wam azuze isiphelo sabangenabulungisa.

8Liyintoni na ithemba labangenaThixo mhla wabunqumla ubomi babo uThixo?

9Xa sele kunyembelekile kubo, uthi uThixo angaze asive isikhalo sabo?

10Khona bangaziyolisa na ngoSomandla? Bangamnqula na uThixo ngamaxesha onke?

© 1996 Bible Society of South Africa.

11“Makhe ndinifundise ngobukhulu bamandla kaThixo; mandingazifihli
izicwangciso zikaSomandla.
12Hayi gxebe, senizibonele nje ngokwenu; ngani ke ukuba nibe sathetha
imfungu-mfungu enje?
13“Naso ke isabelo sezikhohlakali kuThixo; elo ke lilifa lezibhoja kuSomandla.
14Noba zingade zibe nenyambalala yoonyana bosuka babe lilifa lekrele
emfazweni; ewe, inzala yazo yasoloko ithiwe nca liphango!
15Nemingqandanda esindileyo itshayelwa ngubhubhani, baze nabahlolokazi
bazo bangalili nokulila.
16Noba zingade zibe nemfumba yesiliva ngathi luthuli, zibe nempahla
yokwambatha efumbe okodongwe,
17kosuka kuthi gqi lungisa lithile inxitywe lilo loo mpahla; kosuka kuvele
abantu abamsulwa babelane ngaloo siliva.
18Isikhohlakali sakha indlu efana nesingxobo seqonya; sakha into engathi
liphempe labalindi.
19Isikhohlakali silala sinobutyebi, kodwa siyagqibelisa – sivuka sebuphel'
emehlweni.
20Sisuka sirhwaqele ngathi siyarhaxwa; kaloku sitshayelwa sisaqhwithi
ngobhadakazi.
21Kufika umoya wasempuma usitshayele, usuke usinqukrule singabi sazana
nekhaya laso.
22Usuka usilenge ungenalusini tu; nakanjani kufuneka siwasabe amandla
awo.
23Ewe, umoya usiqhwabela izandla, usihewule isikhohlakali simke endaweni
yaso.”

UYobi 28

UYobi: Ofun' ubulumko makahlonele uThixo

© 1996 Bible Society of South Africa.

1“Ewe, ikho imigodi yesiliva; ngokunjalo zikho neendawo zokuhluza igolide.

2Abantu bemba isinyithi emhlabeni, baze banyibilikise ubhedu olusematyeni.

3Nenzonzobila yobumnyama abantu bayayihlola-hlola; baphicotha namathumbu omhlaba, baze bembe bacubungule kwimiwewe enzongo-nzongo yenzonzobila.

4Kude lé kwelimiweyo, apho kungazange kwathi cakatha mntu, abantu bayemba bavule imigodi, bajinga-jinge kwalunkcwe, bebotshelelwe ngeentambo.

5Phezulu apha lo mhlaba uvelisa ukudla; kanti ngaphantsi phaya ubhukuqwa ngathi ngumlilo.

6Kumatye omhlaba kuphuma iisafire, kanti ke lona uthuli lwawo luvelisa igolide.

7Amaxhalanga ngokwawo akazazi iindlela zasemigodini phaya, ngokunjalo zange zalanywa naliliso likakhetshe.

8Amarhamncwa anyalasayo akazange athi cakatha unyawo apho, nkqu nengonyama ayizange yadlula khona.

9Kaloku abantu baqhekeza bagqale nditsho nenyengane le; ewe, neentaba ngokwazo bayazibhukuqa, bazisiphule neengcambu.

10Basuka bagqobhoze iitonela emaweni, lize iliso labo liwabhaqe amatye axabisekileyo.

11Imithombo yakhona bayayivingca ingampompozi, baze bazidandalazise izinto ezifihlakeleyo.

12“Kambe ke, bungaze bufumaneke phi ubulumko? Khona lona ulwazi lungazuzwa phi?

13Ewe, ubulumko abunakufumaneka ebantwini; kaloku akukho namnye ulaziyo nexabiso labo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Andithi na kaloku kwankqu neenzonzobila ezinzongo-nzongo, nditsho neelwandle, ziyabulandula?

15Kaloku bona abungekhe bufumaneke nangegolide ecikizekileyo, kanti nentabalala yesiliva ayinako ukubuhlawula.

16Neyona golide yaseOfire iyalaba-laba kwixabiso labo; nditsho namatye exabiso, nokuba yionike okanye yisafire.

17Ewe, abunakulinganiswa negolide, ukanti abunakuthelekiswa nayo nemveliso yegolide, nditsho nayo neglasi yodidi.

18Asisathethi ke ngeekorale neekristale, kuba kaloku bona ubulumko bubalasele ngexabiso, ndithi bugqwesa kwaiiperile.

19Ewe, netopazi yaseKushe ayinakulinganiswa nabo, ngokunjalo abunakuthengwa nangeyona ihluziweyo igolide.

20Ke, ngaba uphi owona mthombo wobulumko? Umntu angalufumana phi ulwazi?

21Abubonakali kuzo zonke izinto eziphilileyo, nditsho nakweyona intingayo intaka.

22Ewe, nokufa nentshabalalo, zombini ziyavuma, zithi: ‘Luvakele nje umingi-mingi ngabo ezindlebeni zethu!’

23NguThixo kuphela owaziyo ngobulumko; nguye owaziyo umthombo wabo.

24Kaloku yena ubona nditsho namaphethelo ehlabathi, kuba kuye akukho nanye into efihlakeleyo phantsi kwamazulu.

25Ngokuya uThixo wayemisela umoya amandla awo, namanzi ewacandela umda wawo,

26nemvula eyenzela ummiselo wayo, nombane ewalathisa indlela,

27kanye ngelo thuba ke uThixo wabubona wabuphicotha ubulumko, waza ke wabumisela wabugoca-goca.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

28Ke uluntu waluyalela wathi: ‘Niyabona, ofuna ubulumko makathobele uThixo; ofuna ukuzuza ulwazi makabucezele ububi.’ ”

UYobi 29

UYobi: Akwaba ibinokubuyiselwa kum imihla yamandulo

1Ke kaloku uYobi wathathisa wathetha wenjenje:

2“Awu, akwaba ibinokubuyiselwa kum imihla yamandulo, ngokuya uThixo wayesandilondolozile,

3xenikweni isibane sakhe besikhanya phezu kwentloko yam, xa ndanditabhata nasebumnyameni endikhanyisela.

4Ewe, ngaloo mihla yamfamlibe ndandimi kakuhle; bendilala ngangubo-nye noThixo emzini wam.

5USomandla wayengakum ngoko, ndiphahlwe ngabantwana bam.

6Ngaloo mihla amasi ayedlal' abantwana kwam; ke yona iminquma ichuma nasematyeni, ithulula ioyile.

7“Ndandisithi ndakufika enkundleni ngasesangweni, ndakuthi zinzi phakathi kwamadoda amakhulu,

8abafana bathi gu bucala, ke zona iingwevu zime ngeenyawo.

9Ewe, ayesuka aphel' emqaleni kumatshawe, ufike selethe khebevu!

10Izikhulu zazisithi cwaka ngathi ulwimi lukhulekiwe enkalakahleni.

11Abandiva ndithetha babendincoma, kanti ababona izinto endizenzayo babendingqinela.

12Kaloku ndandisabela ndiwahlangule amahlwempu esakukhala; ukanti ndazibonelela neenkedama ezazingenamncedi.

13Ababesindakala ndaza ndabanceda babendincoma, ukanti nabahlolokazi ndandibanceda batsho baba neengoma ezintliziyweni zabo.

14Ndandivatha ubulungisa njengesinxibo sam; ukwenza okulungileyo kwakuyingubo yam neqhiya yam.

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

15Ndandingamehlo kwiimfama, ndiziinyawo koqhwalelayo.

16Ndandingutata kumahlwempu, neengxaki zabasemzini bendizithabathela kum.

17Yayindim umaphul' iimpondo kwizibhoja, amaxhoba azo ndiwathi hlasi emilonyeni yazo.

18“Ndandisithi: ‘Ndiya kukhula ndide ndikhokhobe endlwini yam, nemihla yam ibe mininzi njengentlabathi.’

19Ndandifana nomthi ongcambu zinabele emanzini, omasebe asoloko elalelwa ngumbethe.

20Udumo lwam lwaluhlala luhlaziyeka, amandla am engapheli nokuphela.

21“Ndandisithi ndakuthetha kutsho kuthi cwaka, abantu bewaphulaphula amacebiso am.

22Ndandilebela xa ndithethayo, kungekho mntu unokongeza; kaloku amazwi am ayezika njengemvula.

23Ndandilangazelelwa oku kwemvula, amazwi am bewaginya oku komhlaba uginy' imvula entlakohlaza.

24Babekhuthazeka ndakuncuma; ukukhululeka kobuso bam bekubomeleza.

25Ndandingqendeva njengomnumzana, ndithethe kume ngam; ndandibakhokela njengenjengele kwimikhosi yayo; ndandibaxhasa njengothuthuzela abadakumbileyo.”

UYobi 30

UYobi: Ngoku ndisebugxwayibeni

1“Xa kunamhlanje-nje sendisisigculelo nakubafana abayise bendingabazele nto, ebendingeze ndabashiya nezinja zam ezalusa iigusha.

2Bebeligquba nje ekungekho yalo, amabhetye-bhetye angenakwenza nto tu!

3Bangamahlwempu alambayo, ahamba ngobusuku, ufike enqunquda iingcambu emqwebedwini phaya.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Balamba kangangokuba ungafika besimba iinqoba emqwebedwini, bade batye neengcambu zemithi.

5Abantu babagxothile phakathi kwabo; basuke babahewula bangathi bachil' isela!

6Kuye kwanyanzeleka ukuba baye kuhlala emiqolombeni, emingxunyeni, nasezimfanteni emaweni.

7Bakhonya phakathi kwamatyholo, ufike sebethe buthalala phantsi kwemithi.

8Awu, ziinjubaqa; sisizukulwana soongantweni eside sagxothwa nakwelakowazo!

9“Ngoku ke sebendicabela nasezingomeni zabo; ewe, sendisisimbo nesigculelo sabo.

10Ewe, ngoku bandidelile, bayandenyanya; bathi bangandibona banditshicele ebusweni!

11Ngenxa yokuba uThixo undiyekele ndatsho ndangugqush' eluthulini, nabo ke ngoku baziqhawule iintambo zokulawulwa ndim.

12Ngasekunene bafunzela ukundihlasela belihlokondiba; ewe, bayandijoka, futhi sebezimisele ukundihlabanisela.

13Bayandiqhiwulela endleleni, befuna ukundigqiba, besithi: ‘Akanabani ongamncedayo.’

14Bandihlasela ngathi batyhoboza kwindawo ebanzi; baphoseka kum becanda amabhodlo.

15Ngoku ke sendirhawulwe kukunkwantya; isidima sam sivuthuluke ngathi siyavuthelwa, ukukhuseleka kwam kubhange oku komfankungu.

16“Ngoku ndisebugxwayibeni, kuba imihla yenkathazo indibambile.

17Ebusuku ndiqaqanjelwa nangamathambo la; iintlungu ezindidlayo azipheli.

18Ndigxavulwa ngeempahla zokunxiba, ndidlakazeliswe; ndiyakrwitshwa sisambatho, ndibanjwe ngobhongwana.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19UThixo undiphose eludakeni; andisento, sendifana nothuli nothuthu.

20Ndiba ngakhala ndikubongoza, akundiphenduli; ndiba ngazibika kuwe, akundihoyi.

21Wena ngoku ujike wandikhohlakalela, undihlasela ngengalo yakho enamandla.

22Uyandiphakamisa undiyekele ngomoya undibhudle; ndiyaqotha-qotheka ndiqwengwa sisaqhwithi.

23Ndiyaqonda ke ukuba undinikezela ekufeni, apho baya kuphelela khona bonke abaphilayo.

24“Kambe akukho hlwempu elizibikayo endingalincedanga, nditsho elaliphakamisela izandla kum licela uncedo.

25Andithi na kaloku ndandilila kunye nabasezingxakini, umphefumlo wam udandatheka ngenxa yamahlwempu?

26Mna ndithe ndijonge okuhle kwathi gqi okubi; bendilindele ukukhanya, suka kwathi nyalulu ubumnyama.

27Ndithiwe fithi lunxunguphalo, alundiphe thuba; imihla ngemihla ndihlangatyezwa yinkathazo.

28Ukukhanya akukho, ndihamba ndigutyungelwe bubumnyama; into endiyenzayo embizweni kukuzibika.

29Ngoku sendingumlingane woodyakalashe; ewe, ndiliqabane leenciniba.

30Ulusu lwam selujike lwamnyama, futhi luyaxobuka, ibe ke nomzimba wam lo uyagcadeka.

31Ihapu yam ngoku seyijike yaba yeyesililo, nefluthi yam ngoku seyisenza isijwili.”

UYobi 31

UYobi: Ndiwandlalile umcimbi wam; uSomandla makandiphendule

© 1996 Bible Society of South Africa.

1“Ke mna ke sendazimisela ngomxhelo wam wonke ukuba kungáze kubekho
ntombi ndiyincwasayo.
2Ke, siyintoni isabelo somntu kuThixo? Liyintoni ilifa kuSomandla
kweliphezulu?
3Abangalunganga ubathwaxa ngezibetho, aze abo bangamatshijolo abayekele
ngentlekele.
4Andithi na kaloku yena uyazazi iindlela zam, ewabala onke amanyathelo
am?
5“Ndiqinisekile andizange ndenze buqhopholo, ndingazanga ndakhohlisa
mntu.
6Makhe ndibekwe esikalini kungekho xanasi ukuze uThixo aqonde ukuba
ndimsulwa.
7Ukuba ngaba nditenxile endleleni, ndaza ke ndabhaduliswa yiminqweno,
okanye ukuba izandla zam zidyojwe bububi,
8izilimo zam mazixhatshazwe mntu wumbi, yonke into endiyilimileyo
mayincothulwe neengcambu.
9“Ukuba ngaba ndikhe ndancwasa omnye umfazi, okanye ndaya
kumxhwarhela ngasemasangweni ommelwane,
10umfazi wam ngamana wagubela enye indoda; ewe, ngamana wambathwa
bantu bambi.
11Kuba eso ingaba sisenzo esigwenxa, ingaba lityala elifanelwe kukugwetywa.
12Loo nto ingaba njengomlilo otshabalalisayo, otshisa yonke imveliso yam.
13“Ukuba ndakha ndasigatya isikhalazo sesicaka sam, okanye andasihoya
isicakazana xa sinesikrokro ngakum,
14bendingathini ke ukujongana noThixo? Ndingathini ukuphendula xa efuna
ingxelo?
15Andithi na kaloku kwalo Thixo udale mna zikwadalwe nguye nezicaka zam!

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16“Mna andizange ndikumangale ukunceda amahlwempu, nabahlolokazi
abazange bemke belambatha kum.

17Andizange ndaneliseke kukutya ndedwa, ibe yona inkedama ingenayo into
etyiwayo.

18Kaloku ndayikhulisa njengoyise kwasebuntwaneni bayo, ndayondla
ndayithantamisa kwasekuzalweni kwayo.

19Ndakubona usizana oluze, oluhlwempuzeke kangangokuba lungabi nayo
impahla yokunxiba,

20bendilunika impahla eyenziwe ngoboya obuyimveliso yeegusha zam, lutsho
lundincome luhambe lundidumisa.

21Ngaba ndakha ndayivuyelela inkedama kuba ndiqhayisa ngokuyitshonisa
nasenkundleni?

22Xa kunjalo ke ngamana ndakroboka iingalo; akwaba zingancothuka
emagxeni am.

23Hayi bo! Ngenxa yokoyika isohlwayo sikaThixo, nangenxa yokuhlonipha
ubuhandiba bakhe, into enjalo andizange ndayenza.

24“Xa bendingaqamelela ngegolide, kwecikizekileyo ndisithi: ‘Ulithemba lam!’

25ukuba bendivuye ndada ndaqholosa ngenxa yentabalala yobutyebi bam,
nangenxa yokwanda kwemveliso yam,

26ukuba bendisuke ndanqula ilanga ngenxa yokuqaqamba kwalo, okanye
inyanga ngenxa yomfaneleko wayo,

27ukuba ngaba bendiwexulekile ndasanga isandla sam, ndibusa zona ezi
zinto,

28nale ke into ibingaba bubugwenxa obufanele isohlwayo esiqatha, kuba
ukwenjenjalo ingaba kukuvukelana noThixo kweliphezulu.

29“Andizange ndavuyiswa kukubandezeleka kotshaba lwam, ndingazange
ndakuthakazelela ukuminxeka kwalo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

30Andizange umlomo wam ndiwuvule wone ngokusuka ndilushwabulele utshaba lwam.

31Namadoda andisebenzelayo akazange athi: ‘Yhu, besilamba phaya kwaYobi!’

32Abahambi abazange balale ecaleni lendlela ndikho; ndiyabamema beze, kuba iingcango zomzi wam zahlala zivulekile.

33Bambi bayazigusha bazifihle iziphoso zabo, kambe ke mna andibufihli ubugwenxa bam.

34Kuba mna andiboyiki abantu, andithi cwaka okanye ndizivalele endlwini, kuba ndisoyika ukunyenjwa zizalamane.

35“Akwaba bekukho ondiphulaphuleyo! Ndiwandlalile umcimbi wam; uSomandla makandiphendule. Akwaba izityholo endibekwa zona ngondimangalelayo bezibhaliwe.

36Bendiya kuzithwala emagxeni, ndizithi jize ngazo entloko njengentshinga.

37UThixo bendiya kumanekela konke okwam, ndingqiyaze phambi kwakhe njengetshawe.

38“Ukuba ngaba umhlaba wam ubundenzela isijwili, zindigxeka neefolo zawo,

39ukuba nditye imveliso yawo ndingabahlawulanga abaniniwo, ndaza bona abalimi bawo ndabavimba,

40ewe, endaweni yengqolowa mawuvelise imithi enameva, ukuze endaweni yerhasi uvelise ukhula.” Waba njalo ke uyaphetha uYobi: ncincilili-i-i!

UYobi 32

UElihu: Phambi koThixo siyafana sobabini

1Ke kaloku la madoda mathathu ade amncama uYobi, kuba yena wasuka wanje, esithi umsulwa yena.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Ke yena uElihu unyana kaBharakeli wendlu kaRam eBhuzi uthe akuyiqonda
le meko wasuka wakhathazeka, kuba kaloku uYobi wayezenza ilungisa esola
uThixo.

3Futhi wakhathazwa nayinto yokuba ezi zihlobo zikaYobi zithathu zisuke
zoyiswa kukuphendulana noYobi, zingabanga nako ukudandalazisa ubutyala
bakhe, kodwa zimtyhola.

4UElihu lo wayesalindele ukuthetha noYobi, kuba abanye aba babebadala
kunaye.

5Athe ke la madoda mathathu akuba selethethe koma umqala esoyiswa
bubuciko bukaYobi, wakhathazeka,

6wangenelela ke yena uElihu unyana kaBharakeli waseBhuzi, wathi: “Kambe
ke ndiyimveku ngeminyaka, ke nina senikhulile, niziingwevu, nto leyo ke
esuke yanditsho ndamathidala, ndoyika ukuphuhlisa olwam uluvo.

7Ndithe: ‘Mandiyekel' iminyak' isiphakele.’ Bendisithi: ‘Izilimela zingasiph'
ubulumko.’

8Kambe ke ngoku ndiyaqonda ukuba ngumoya osemntwini, ewe, lifuthe
likaSomandla elimthi jize ngokuqonda umntu.

9Hayi, abuyi ngaminyaka ubulumko, kungayi nangabudala ukuqonda
imfanelo.

10“Ngoko ke bekan' iindlebe, khe ndiniphakele; makhe ndinivakalisel' olwam
uluvo.

11Ewe, ndiniphulaphule xa beniphakula ubulumko benu; ndibuvisisile xa
benidimbaza nigalela.

12Bendiziindlebe ndonke xa benithetha; akukho namnye umchaniley' uYobi,
kungekho namnye ukwaziy' ukuchan' amagama.

13Ke nina sanukuthi: ‘Sibuzuzile ubulumko.’ Kaloku nguThixo yedwa
ongaphendulanayo noYobi, hayi umntu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14UYobi ubebhekisa kuni, ingekum. Kambe ke bendingamphenduli njengani mna.

15“Hayi, Yobi, bathethe kom' umqala; kungokunje basik' umlomo.

16Mandithini na ke mna? Uthi mandithi cwaka kuba nabo bethule? Ewe, nâbo bethe bhuxe, inkukw' isik' umlomo!

17Hayi bo! Nam makhe ndenze owam umda, ndiluvakalise nolwam uluvo.

18Hayi, mna andisenakuzibamba ndithi cwaka, kuba kuninzi ukuthetha kum.

19Hayi, ngenene ndifana nemvaba yewayini ebila ingavulwanga – xa ndingaphokozi ndosuka ndigqabhuke.

20Ewe, manditheth' ukuze kuthi qabu; mandiwuvule umlomo wam ndiphendule.

21Mna andiz' ukuceng' usolala phi, ndiza kutheth' utyhatyhiwe ndingalalanisi.

22Kambe akunto yam ukulalanisa; xa bekunjalo uMdali wam ebengandicim' igama ngoko nangoko!

UYobi 33

1“Ewe ke ngoku, Yobi, khawukuve ukuthetha kwam, uwaphulaphule onke amazwi am.

2Khawundibolek' iindlebe, nam khe ndikuphokozele. Phulaphula, ulwimi lwam selubeth' inkalakahla.

3Ewe kaloku, ndithetha ndinyanisekile; andikufihli oko ndikwaziyo.

4Kaloku nam ndidalwe nguMoya kaThixo; ukuphefumla kukaSomandla kundidlise ubomi.

5Ndiphendule ukuba unako; qula uzilungiselele amagama.

6Kaloku phambi koThixo siyafana sobabini; ewe, sobabini sabunjwa nguye ngodongwe.

7Ngoko ke uzungatatazeli, mwethu; noko nesandla sam asingeke sikucinezele.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8“Ngokuya ubuthetha ndikuvisisile; kaloku uthethe wenjenje:

9‘Mna ndimsulwa, andinatyala; andinachaphaza, ndingenasiphoso.

10Koko uThixo uyandidlelelela nje; ewe, ufumana endityhola ngokuba ndilutshaba!

11Iinyawo zam uzikhonkxa ngezikhuni; uyazigqala zonke iindlela zam.’

12“Uyabona, uphazamile ngayo le ndawo; mandikuphendule, kuba uThixo yena mkhulu kunomntu.

13Ngani ke ukuba umangalelane naye, usithi yena akaphenduli mntu?”

UElihu: UThixo uyathetha nomntu

14“Kaloku uThixo uthetha nomntu ngandlela zonke, kambe ke yena umntu akahoyi.

15Xa umntu ekobunzulu ubuthongo, elele emandlalweni wakhe, uThixo uthetha ngamaphupha nemibono yasebusuku.

16Ewe, uzivula ngelo xesha iindlebe zabantu, ebalumkisa batsho barhwaqele.

17Ethethanje ke uthintela ukona; unqanda umntu angazigwagwisi.

18Ukhusela umphefumlo womntu engcwabeni, amhlangule kwintshabalalo yekrele.

19“Kananjalo umntu wolulekwa nangezigulo ezibuhlungu, aphanjwe ziingqaqambo emzimbeni.

20Ewe, ude angabi sakulangazelela nokutya, nokona kumnandi akucekise.

21Ubhitya abe ngumcinga, nezo mbanjana zakhe bezifihlakele zithi gqi ngaphandle.

22Kaloku selejinga phezu kwengcwaba; ubomi bakhe bukhwetywa kukufa.

23Mhlawumbi ke angeza kulamlelwa sisithunywa, esinye kuloo mawaka-waka, simkhumbuze ngeemfanelo zakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

24Singatsho ngovelwano sithi: ‘Mkhulule; makangehli aye kwelabafileyo.
Nantsi kaloku intlawulo.’

25Ulusu lwakhe luya kuhlaziyeka njengolosana, lubuyiselwe kwimihla
yobutsha bakhe;

26athi ke akuthandaza eviwe nguThixo, atsho amnqule ngothakazelelo, abuye
abe ngumntu oziphethe ngaloo ndlela ayifunayo uThixo.

27Uya kuvuma esidlangalaleni athi: ‘Ndonile ndaphambuka endleleni, kodwa
uThixo akandohlwayanga ngako oko bekundifanele.

28Ewe, undihlangule engcwabeni, nobomi bam abuyi kucinyelwa langa.’

29“Zonke ezi zinto ke zenziwa nguThixo; ewe, uzenza umhla nezolo.

30Umntu uyamhlangula engcwabeni, ukuze naye axhamle ubomi.

31“Ngamana wandiphulaphula ke, Yobi; ewe, yithi cwaka khe ndithethe.

32Kambe ke uphendule xa unako; nam ndizimisele ukukulungiselela.

33Phofu ke, xa ungenamazwi, yithi tu, mna ndikufundise ubulumko.”

UYobi 34

UElihu: UThixo akayenzi inkohlakalo

1Ke uElihu utyatyadule wenjenje:

2“Hoyina, nani nina zilumko; khanibek' iindlebe, nani zingqondi!

3Ukutya kungcanyulwa lulwimi, ke yona intetho iviwa ziindlebe.

4Makhe sikhethe oko kulungileyo; ewe, masiphicothe oko kufanelekileyo.

5“Kaloku uYobi uthi: ‘Ndimsulwa, kodwa uThixo undivimb' ubulungisa.

6Nangona ndinyanisekile, ndiphathwa okwexoki; nangona ndingenatyala,
utolo lwakhe lundingxwelerhile.’

7Wakha wakho phi ofana noYobi lo, osoloko ehlalele ukuphoxisa,

8umnt' osoloko ethene mbende nabenzi bobubi, ohlal' eqhogene
nezikhohlakali?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Kaloku yena uthi: ‘Akumncedi lutho umntu ukuzimisela ukukholisa uThixo.’

10“Kambe ke ndiphulaphuleni, zingqondi: kukude lé kuThixo ukwenza ububi, kuSomandla ukwenza ubugwenxa.

11Kuye umntu uvuna loo nto ayilimileyo; umntu umphatha ngokwehambo yakhe.

12Hayi bo, uThixo akayenzi inkohlakalo; uSomandla akabugqwethi ubulungisa.

13Kakade ngubani owammiselayo ukuba alawule ihlabathi? Ngubani owambeka ukuba alongamele lonke elimiweyo?

14Xa ebenokusuka azimisele awunqamle umoya wakhe nempefumlelo yakhe

15konke okuphilayo kungasuka kutshabalale, noluntu lonke lubuyele kwaseluthulini.

16“Ngaba uyaqiqa na – phulaphula ke! Bek' iindlebe ndithethe.

17Umchasi-mthetho angalawula njani? Ke wena ungamgweba njani uThixo eyingangalala yelungisa nje?

18Kaloku nakukumkani yena unokuthi: ‘Awunto yanto;’ aze kwizidwangube athi: ‘Nizizinto ezikhohlakeleyo.’

19UThixo akakhethi buso nakumatshawe; nesityebi akasilungiseleli ngaphezu kwehlwempu; kaloku bonke bangumsebenzi wezandla zakhe.

20Bafa ngephanyazo ezinzulwini zobusuku; bayagungqiswa abantu, bafe; kwanezihandiba ziyawa zingawiswanga mntu.

21“Kaloku yena uzijongile iindlela zabantu; uwabona onke amanyathelo abo.

22Kaloku akukho thunzi nantsunguzi yabumnyama apho abenzi bobubi bangazifihla khona.

23KuThixo akuyomfuneko ukubancwina ngakumbi abantu xenikweni ebasa ematyaleni.

© 1996 Bible Society of South Africa.

24KuThixo akukho mfuneko yaluphando xa abakhiqayo abasezintanjeni, aze
amisele abanye ezikhundleni zabo.

25Kaloku uyazazi izenzo zabo; ubabhukuqa ngobusuku babhange.

26Xa sukuba ebohlwaya ngenxa yobugwenxa babo, loo nto uyenza
esidlangalaleni.

27Andithi na kaloku basuke bakreqa, ababi sazikhathalela iindlela zakhe?

28Ohlelelekileyo bamtsho wazibika kuThixo, waza ke yena wasiva isikhalo
sabasweleyo.

29Xa athe cwaka ngubani ongamgwebayo? Naxa efihle ubuso bakhe ngubani
ongambonayo? Nguye ngokwakhe olawula uluntu nezizwe,

30ukuze athintele isikhohlakali ekulawuleni, singababekeli umgibe abantu.

31“Ukuba ngaba umntu ebenokuthi kuThixo: ‘Ndikuvukele, kodwa andiyi
kuphinda ndone.

32Ndifundise oko ndingenako ukukubona. Ukuba ndenze ubugwenxa andisayi
kuphinda ndenjenjalo.’

33Ngaba uThixo uthi useza kumohlwaya ngenxa yokumvukela kwakhe?
Zikhethele ngokwakho, ingabi ndim. Into oyaziyo yithethe.

34“Kambe ke iingqondi zosuka zithi, ewe, izilumko zona zingathi:

35‘UYobi uthethiswa kukungazi; ewe, akathethi, koko uyabhibhidla.’

36Akwaba uYobi ebenokucikidwa ngokupheleleyo, kuba impendulo yakhe
ifana neyendoda ekhohlakeleyo.

37Ewe, esi sono sakhe uyasandisa, kuba kaloku usuka adlongozele, aqhwabe
ngolunya izandla zakhe phakathi kwethu, atheth' umlembelele ngoThixo.”

UYobi 35

UElihu: Ùthetha amampunge

1UElihu uqhube wathi:

© 1996 Bible Society of South Africa.

2“Ucinga ukuba bubulungisa na obu? Kaloku uthi: ‘Ndiya kugwetyelwa nguThixo.’

3Kanti ubhekisa kuThixo usithi: ‘Khon' ukuba ndonile ke? Kundinceda ngani ukungoni?’

4“Ke ngoku mna ndiza kukuphendula, wena ngokunjalo nabahlobo bakho.

5Khawuqethuke ujonge amazulu, uwabone la mafu aphezu kwakho.

6Noba uyona awumchukumisi nganto uThixo; ewe, awumenzi nto noba ungade uphinda-phinde!

7Ukulungisa kwakho kumnceda ngantoni ke? Ewe, uThixo akazuzi nto esandleni sakho.

8Ukona kwakho kuphazamisa kwa-abantu, nokulungisa kwakho kunceda kwabona.

9“Abantu bayakhala ngenxa yobuninzi bengcinezelo; balangazelela ukukhululeka kwisandla sabanamandla.

10Kodwa yinqaba ukubhenela kuThixo uMdali wabo ozisa ithemba xa sukuba lixubayele.

11Nguye osinika ulwazi kunezilwanyana; yena usenza silumke kuneentaka.

12Abantu noba sebekhala, uThixo akaphenduli, kuba abakhohlakeleyo bathiwe lwale likratshi.

13Inene, uThixo akangeke awaphulaphule amampunge; uSomandla akawasi so tu.

14Kunjalo maxa usithi akumboni uThixo, usithi umcimbi wakho uphambi kwakhe, usithi ulinde yena,

15naxa uthi uThixo akacaphuki ohlwaye, usithi akasihoyi isono.

16Ke uYobi uthetha amampunge, wenza umlembelele engenalwazi.”

UYobi 36

UElihu: Jonga imimangaliso kaThixo

© 1996 Bible Society of South Africa.

1UElihu uqhube wathi:

2“Kambe ke khawundinyamezele kancinci, kuba kusekho ekufuneka ndikuthethe ndimele uThixo.

3Olwam ulwazi luvela kude; lucacisa ukuba uThixo, uMdali wam, lilungisa.

4Kaloku akukho buxoki kula mazwi am – ophakathi kwenu unolwazi olugqibeleleyo.

5UThixo womelele, kodwa akadeleli mntu; unamandla, nolwazi lwakhe alugungqi.

6Izikhohlakali akaziyeki zidle ubomi, kodwa uyabazelelela abo bahlelelekileyo.

7Akawasusi amehlo akhe kumalungisa. Nguye obeka ookumkani ezihlalweni, abanye abayeke apho ixesha elide. Kodwa ukuba bayaziphakamisa

8bakhonkxwa ngamatyathanga, bebanjiwe ngezintya zeentlupheko.

9UThixo ubatyhilela izenzo zabo, esalatha izikreqo zabo xa babeziphakamisa.

10Kaloku yena ubenza balulamele ululeko; ubayalela ukuba bahlukane nobugwenxa.

11Ukuba ke bayamva bemthobela uThixo, boyigqiba imihla yabo bexhamla indyebo, neminyaka yabo ibe yeyokwaneliseka.

12Kambe ke xa bengeva baya kutshabalala ngekrele, bafe ngenxa yokuswela kwabo ulwazi.

13“Abantliziyo zingenaThixo bazongezelela ingqumbo yakhe; abazibiki kuye naxa bekhonkxiwe.

14Bona bafa besebatsha, bexhwalekile ngamahlazo abahlala kuwo.

15Kambe uThixo uyabafundisa abantu nangehambo-nzima; ubavula iindlebe ngokusebenzisa nembandezelo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16“Nawe wakukhupha enkathazweni, wakutsho waxhamla intlala-kahle,
usitya uhlutha, ungaswele nto.

17Kodwa ngoku isohlwayo esifanele abakhohlakeleyo siphezu kwakho;
ukugwetywa nokohlwaywa kukufikele.

18Lumka ke umsindo wakho ungawenzi umgibe wokubambisa abanye,
ungazimiseli ukusebenzisa ukunyoba okukhulu ukuguqula imeko.

19Ngaba kukubhomboloza kwakho na okunokukunceda? Hayi bo, yonke
imigudu yakho ayingeke incede.

20Sukulangazelela ukuza kobusuku, xesha elo batshabalala ngalo abantu.

21Lumka ungayi ebubini; ungazilahleli kubo ngenxa yokubandezeleka.

22Kaloku uThixo yimbalasane ngamandla; ke kumba wokufundisa
uyingcungela.

23UThixo akaxelelwa mntu amakakwenze; ngubani onokuthi kuye: ‘Wenze
okugwenxa’?

24Khumbula uwuphakamise umsebenzi wakhe, lowo abantu bawubongayo
ngeengoma.

25Bonke abantu bayayibona imisebenzi yakhe, noxa beyibona bekude nje.

26Hayi ukuba mkhulu kukaThixo! Uyiphakamele ingqiqo yethu; inani
leminyaka yakhe aligocagoceki.

27“Nguye ofunxa amanzi emhlabeni, awajike awenze amathontsi emvula,

28mvula leyo ina iphuma emafini, ibe zizandyondyo kumntu wonke.

29Ngubani okuqondayo ukuhamba kwamafu, nokuzongoma kweendudumo
ezulwini phaya?

30Yena utshawuzisa umbane esibhakabhakeni; nguye ogubungela inzonzobila
yolwandle.

31Le yindlela aluxhasa ngayo uluntu, aluthi jize ngendyikityha yendyebo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

32Ke yona imibane iselulawulweni lwesandla sakhe; uyayiyalela itsho ichan'
ucwethe.

33Kambe ke sona isiphango sixelwa ziindudumo, nditsho neenkomo ziyakwazi
ukuza kwaso.

UYobi 37

1“Kuthi ke kwakuba njalo isuke igubhe intliziyo yam, ixhume endaweni yayo.

2Khanikuve ukuzongoma kwelizwi lakhe, niphulaphule ukungqokola
okuphuma emlonyeni wakhe.

3Utshawuzisa imibane esibhakabhakeni, ayithumele eziphelweni zehlabathi.

4Ikhatshwa kukududuma kwelizwi lakhe, lizongoma ngezwi lobungangamsha
bakhe. Xa avakalisa izwi lakhe kuba zizabhokhwe zombane
ezingathintelekiyo.

5Ewe, uThixo wenza imimangaliso ngezwi lakhe, utsho ngezinto ezinkulu
esingenako ukuziqonda.

6Uthi kwikhephu: ‘Yiwa emhlabeni;’ kwimikhwitsho yemvula athi: ‘Yenza
izandyondyo zomvimbi.’

7Ke bona abantu batsho bayeke ukusebenza; kaloku ngoku nguye osebenzayo.

8Iinyamakazi zitsho zingene emingxunyeni yazo, zizimele apho ezikhundleni
zazo.

9Iinkqwithela ziphuma endaweni yazo, imimoya enamandla ize nengqele.

10UThixo uthi angaphefumla amanzi atsho abe ngumkhenkce, ububanzi bawo
buqine bukhenkcezeke.

11Kanti wona amafu uwahlohl' ukufuma, aze awahlwayele imibane.

12Kaloku nguThixo owalawulayo, atsho enze eyakhe imiyalelo kulo lonke
elimiweyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Unethisa imvula emhlabeni; kanti isenokuba sisibetho ebantwini,
kwanjengokuba isenokuba ngumqondiso wothando lwakhe.

14“Yobi, khawunqumame wondele, ujonge imimangaliso kaThixo.

15Uyakwazi ukuhamba komyalelo kaThixo, esithi umbane mawulenyeze
emafini?

16Amafu la uthi ajinga kanjani esibhaka-bhakeni, into emangalisayo
engumsebenzi walowo unolwazi olugqibeleleyo?

17Uxakwa nje kukuzikhusela ngezambatho kwifuthe lolophu,

18ungathini ukufuna ukubambisana naye xa atwabulula isibhakabhaka,
esenza somelele okwesipili esityhidiweyo?

19“Khawutsho, uthi masithini ke kuThixo? Kaloku kumnyama kuthi;
asinamhlaba wakuziphendulela!

20Uthi masicele ukuthetha naye! Ngubani ongazibizela intshabalalo?

21Bekungekho bani unako ukubona ukukhanya; ukuqaqamba kwako
bekusithwe ngamafu, kodwa kwakudlula umoya, kuthi qwenge.

22Emantla phaya ukukhanya busabugoliderha; isihomo sikaThixo sisitsho
sinkwantye ke thina.

23Amandla akhe amtsho angafikeleleki; usulungekile, ebalasele ngobulungisa;
akukho bani amcinezelayo.

24Ngenxa yaloo nto ke, abantu bayamhlonela; kambe ke zona izindwebi
akazikhathalele.”

UYobi 38

UNdikhoyo: Mna ndiza kubuza, wena ke uphendule

1Ke uNdikhoyo waphendula esesaqhwithini, wathetha noYobi wathi:

2“Wena kuxa ungubani, ukuba ude ufune ukulenza mfiliba icebo lam? Mazwi
mani wona la, engenalwazi nje?

3Khawuqule, ume njengendoda; mna ndiza kukubuza, wena ke uphendule.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4“Wawuphi xa ndiseka ihlabathi? Yitsho kaloku, uyingqondi andithi?

5Ngubani owamisa ubungakanani balo? Awunakungayazi loo nto! Ngubani owalijikelezayo etsala intambo?

6Khona, zixhaswe yintoni iintsika zalo? Ingubani owalimisela ilitye lesiseko?

7Ngaloo ntsasa iinkwenkwezi zamemelela, izidwangube zakwaThixo zona zanemincili.

8Mhla lwagqabhuka ulwandle emhlabeni, ngubani owalumisela imida?

9Kaloku ndim owalwambathisa ngamafu, ndaza ndalusonga ngobumnyama.

10Ndim owalumisela imida, ndalubiyela ndaluvalela endaweni yalo.

11Ndaluyalela ndathi: ‘Hamba, ungagqithi apha; amaza akho adlokovayo makaphele apha.’

12“Ukhonje wakha wayiyalela intsasa yabakho? Wakha wasikhombisa indawo yaso na isifingo?

13Nditsho umsobomvu okhanyisela iziphelo zehlabathi, khon' ukuze izikhohlakali zingabi nakuzimela ebumnyameni.

14Kaloku ukusa kuzitsho ziphuhle iinduli neentili, zibe ngathi yingubo ebikade isongene; ewe, zitsho zicace oku kophawu olushicilelwe kumdongwe.

15Abakhohlakeleyo bayoyiswa kukukhanya; kaloku ingalo yabo yokugonyamela yaphulwe.

16“Ngaba wakha wayibona imithombo yolwandle? Sowukhe wathi cakatha ezintunjini zenzonzobila?

17Uwatyhilelwe na amasango okufa? Wakha wakubona kwamnyama-ndawo?

18Khawutsho, lingakanani ihlabathi? Phendula kaloku ukuba uyazazi ezi zinto!

19“Ungalixela apho likhoyo ikhaya lokukhanya? Khona, wona umthombo wobumnyama uphi?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

20Ezi zinto ungazibuyisela na endaweni yazo? Khona, uyayazi na indlela esinga esikhundleni sazo?

21Awunakungazazi; kaloku wawuseluzelwe, neminyaka yobomi bakho mininzi, ngabula wena!

22“Wakha wababona oovimba bam bekhephu? Oovimba besichotho bona uyabazi?

23Ezi zinto ndizigcinele mhla kwanyembeleka; ndizigcinele mhla kwathiwa ilizwe lifile.

24Uyayazi na indlela eya apho kuvela khona ukukhanya? Uthini umoya wasempuma ukusasazeka phezu kwehlabathi?

25Ngubani ovulela izandyondyo zemvula umjelo; ingubani yena khona ovulela iindudumo indlela?

26Ngubani onisa imvula endle phaya? Inethiswa ngubani imvula enkqantosini,

27ukuze ithobe unxano kumhlaba okhamisileyo, kutsho kuthi rhwelele utyani?

28Kakade, imvula le yinto kabani; ingubani yena uyise wombethe?

29Ke wona umkhenkce wakhawulwa ngubani; ingubani yena umzali weqabaka?

30Kaloku amanzi ayaqina abe ngathi lilitye; inzongo-nzongo yamanzi itsho ikhenkcezele.

31“Uthi ngaba unokuzidibanisa izilimela; khona unako ukuwakhulula amakroza?

32Ungazilawula iinkwenkwezi namathuba azo, nditsho oozibhere ngokunjalo namatakane azo?

33Uyayazi imithetho elawula ilanga nenyanga neenkwenkwezi? Unganako ukumisela impembelelo yazo emhlabeni?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

34“Unganako ukuliphakamisela emafini ilizwi lakho, khon' ukuze
akugubungele ngezantyala-ntyala zemvula?

35Ngaba unganako ukuyithuma imibane? Ngaba ingavuma ithi: ‘Ndiyaya’?

36Ngubani oyazisayo intsikizi ngemvula, ingubani oxelela umqhagi ngemini
entsha?

37Sisiphi isilumko esinokubala amafu, ingubani onokuqubuda iingqayi
zamanzi zasemazulwini?

38Nditsho imvula ejika uthuli lube ludaka, ke wona amagade atsho
ancamathelane.

39“Unganako ukuzingelela imazi yengonyama? Ungawahluthisa khona
amathole engonyama,

40xa ahleli esikhundleni sawo, okanye xa ancathame ngetyholo?

41Uthi ngubani owondla amahlungulu, xa amantshontsho awo akhala
kuThixo, ebhadula ngenxa yendlala?

UYobi 39

1“Ngaba uyalazi ixesha lokuzala kwamagogo asemaweni? Wakha walibona na
inxala xa lifikelwa yinimba yokuzala?

2Lithatha iinyanga ezingakanani lithwele, lize lifike nini ke ixesha lokuzala
kwalo?

3Uyalazi ukuba lingqengqa nini na ukuze libeke itakane lalo, ibe ke
ngokunjalo idlule intlungu yenimba?

4Amatakane alo akhulela ezindle ade omelele, aze ke asuke emke angaze abe
sabuya.

5“Iqwarha eli layithatha phi inkululeko? Ngubani owalikhulula intambo
ukuba libhadule?

6Ndim owalinikela ukuba lihlale entlango, ikhaya lalo libe kuloo mathafa
etyuwa.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Isiphithi-phithi sasezixekweni yintlekisa kulo; ngokunjalo nemikhwazo yombhexeshi aliyiva.

8Libhadula ezintabeni lifuna amadlelo, lize limemethe naluphi na uhlaza elilufumanayo.

9“Uthi ungaze uyisebenzise inyathi? Unganako ukuyivalela ebuhlanti?

10Uthi ungayirhintyela ulime ngayo; mhlawumbi uyerhe entilini phaya?

11Uthi ingaze ikuncede ngamandla ayo; ungawunikela kuyo umsebenzi wakho?

12Ngaba unganako ukuvuna ngayo? Uthi ungabhula ngayo esandeni phaya?

13“Hayi ukufaneleka kwamaphiko enciniba! Kambe ke iyagqweswa yingwamza ngokuphapha.

14Amaqanda ayo iwabeka emhlabeni iwashiye ukuze ke afudunyezwe ngumhlaba lowo.

15Ayinaloyiko lokuba osuka anyathelwe, okanye kuthi gqi inyamakazi iwakroboze.

16Ayinankathalo ngamantshontsho ayo, ngathi asingawayo; ayivakalelwa kukubhanga kwemigudu yayo.

17UThixo uyivimbe ubulumko inciniba, akayinika nokuyinika ingqiqo.

18Kambe ke yakuwathi naa amaphiko ayo ibaleka iyalihleka ihashe nokhwele kulo.

19“Ngaba nguwe na owenze ihashe lomelela kangaka? Nguwe owalivathisa ngeso singci siyakayaka?

20Nguwe olenze lanako ukuthi qakatha njengeenkumbi? Nguwe olenze larhwaqelisa ngesandi somfutho walo?

21Ligxanya ngamandla ngaloo manqina alo xa lijikela entilini phaya, selifunzele phakathi kwayiwayo!

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22Kaloku lona alinadyudyu nantaka; aliwazele nto umkhonto, alibuyi ngamva.

23Kaloku lo uphezu kwalo uxhob' uf' amacala; oomikhonto noozincula ziyabengezela.

24Ngaloo manqina alo lisiphula umhlaba, selingasakwazi ukuzibamba, lilindele ukuvakala kwexilongo.

25Lakuva umtyangampo wexilongo lithi: 'Ngxatsho ke!' ze lithi lisekude lé, libe seliqonda ukuba izwe lifile! Kaloku liyabeva oomaqhuzu xa bayalelayo.

26"Ngaba bubulumko bakho na obunika ukhetshe ubuchule bokubhabha? Nguwe omenza athi naa amaphiko abheke kwelasezantsi?

27Ngaba nguwe oyalela ixhalanga ukuba lintinge, lakhe nendlu yalo emalenga-lengeni phaya?

28Kaloku lona lihlala kwiinkelekethe zamawa; lizenzela inqaba kwiimfanta zamalenga-lenga.

29Lithi cwaa apho lilonga-longe ixhoba, lize lilipopole noba selisekudeni.

30Amathole alo amfimfitha igazi; nalapho zikhoyo izidumbu libutha khona ixhalanga."

UYobi 40

UNdikhoyo: Wena omangalela uThixo, phendula

1 UNdikhoyo uqhube wathi kuYobi:

2"Ngaba ufuna ukubambana noSomandla, usalatha iimpazamo zakhe? Wena omangalela uThixo, phendula."

UYobi: Ndosuka ndiwuthunge umlomo

3Ke yena uYobi uphendule uNdikhoyo wathi:

4"Xa kungokunje ndiyaqonda ukuba andinto yanto. Ndingaba saphendula ndithini? Kungokunje ndidl' imu.

5Ewe, ndithethe ndaphinda-phinda, kambe ke ngoku ndosuka ndiwuthunge."

© 1996 Bible Society of South Africa.

UNdikhoyo: Ngaba nawe womelele njengoThixo?

[6]Ke uNdikhoyo waphendula esesaqhwithini, wathetha noYobi wathi:

[7]“Khawuqule, ume njengendoda; mna ndiza kukubuza, wena ke uphendule.

[8]“Ngaba ufuna ukusisingela phantsi isigwebo sam? Ugweba mna ukuze wena ugwetyelwe?

[9]Ngaba nawe womelele njengoThixo? Nelakho ilizwi lizongoma njengelakhe?

[10]Xa kunjalo ke khawuvele uveth' isidima uzimasekile; khawuthi jize isihomo nesithozela.

[11]Khawuphokoze loo msindo wakho, ubaphoxe abo bazigwagwisayo.

[12]Ewe, badilize abo baqholosayo; ke zona izikhohlakali zinyhashele apho zikhoyo.

[13]Xa zizonke zibandakanye uzingcwabe; zigqume zihlale kwelo labafileyo.

[14]Xa kunjalo ke ndiya kuvuma, ndisithi unako ukuzisindisa ngawakho amandla.

[15]“Imvubu le uyayiqonda? Njengawe nayo ndayidala; phofu yona injengenkomo, itya ingca.

[16]Kambe ke, yeka – asimandla esinqeni sayo! Yinto emzimba unemisipha engwanyalala!

[17]Yinto emsila ungqangqasholo okomsedare; ke zona izihlunu zemilenze ziphindene.

[18]Amathambo ayo omelele njengobhedu; ewe, afana nemivalo yentsimbi.

[19]Kuzo zonk' izidalwa ithe kratya ngokukhwankqisa; nguMdali wayo yedwa onako ukuyoyisa.

[20]Ukutya kwayo kufumaneka ezintabeni phaya, apho zidloba-dloba khona izilwanyana.

[21]Ungafika ingqengqe phantsi kwamatyholo akhula ngasemanzini, okanye izimele ezingcongolweni, emgxobhozweni phaya.

© 1996 Bible Society of South Africa.

22Ewe, iphumla emthunzini wamatyholo entlanjeni phaya, ufike ijikelezwe yimingcunube.

23Yona ayiwoyiki umlambo ophuphumayo; ithi zole nakwiJordan elatyuza amanzi de abethe emlonyeni wayo.

24Kodwa kodwa ngubani ongayihlaselayo? Ngaba uqale wayityhaphaza? Ngubani ongayithiyela ayithi qhoo ngaloo mpumlo?

UYobi 41

1“Uthi ungaze uyilobe ingwenya, okanye ubambe ulwimi lwayo ngentambo?

2Uthi ungaze uyifake intambo impumlo yayo, mhlawumbi uyithi qhoo imihlathi ngegwegwe?

3Ucing' ukuba ingaze itarhuzise kuwe? Uthi ingakukubongoza ngamazwi athambileyo?

4Uthi ingenza isivumelwano kunye nawe, ithembise ukuba likhoboka lakho ngonaphakade?

5Ngaba ungayenza intaka ongadlalisa ngayo, uyikhulekele amantombazana akho?

6Abarhwebi uthi bangarhweba ngayo? Ucing' ukuba bangahlulelana ngayo?

7Isikhumba sayo ungasigqobhoza ngamagwegwe? Mkhonto waphi ongangxwelerha intloko yayo?

8Khawuyichukumise nje – soz' uphinde! Engak' imfazwe soz' uyilibale!

9Ngamampunge ukucinga ukuba ungayoyisa. Umntu uthi nje akuyibona asuke avikiveke aphelelwe.

10Kungekho bani nje unesibindi sokuyiphazamisa, ngubani ke ngoko onako ukumelana nam?

11Ukhona na onako ukubanga into kum ukuze ndimbuyisele? Kaloku yonke into phantsi kwezulu yeyam.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12“Andinakuthi cwaka ngemilenze yayo; makhe ndikuphokozele ngokomelela
kwayo nokufaneleka kokwakhiwa kwayo.

13Ngubani onokuyinyanzela ukuvula umlomo, ingubani onokuyifaka
umkhala?

14Ewe, ngubani ongavula loo mihlathi yayo ijikelezwe ziingxavula
ezoyikekayo zamazinyo?

15Umqolo wayo unoludwe lwamakhaka aphotheneyo ngathi atywiniwe.

16Ewe, asondelelene ayimbumba; phakathi kwawo akungeni nomoya.

17Hayi, anxibelelene angunonca, abambene nkwa, akanakwahlukaniswa.

18Yintw' ethi yakuthimla kumenyeze, emehlo ngathi lilanga liphuma.

19Yintw' emlomo ulatyuza amadangatye, kutsho kutak' iintlantsi.

20Yintw' emarhanana alephuz' umsi, oku kwembiza ebaselwe ngeengcongolo.

21Ngomphefumlo wayo ungáwuphemb' umlilo; kaloku kuthaphuz'
amadangatye kuloo mlomo.

22Yintw' etsho ngengwanyalala yesixhanti; bakuyibona abantu suka
barhwaqele.

23Izihlunu zayo zifumbene; ziyingwanyalala engenakuhluthuzwa.

24Yintw' entliziyo iqine oku kwenyengane! Yomelele oku kwelitye lokusila.

25Ithi ingaphakama kunkwantye neengangalala; yakushukuma zisuka zithi
phithi.

26Yona yomelele, ayinakungxwelerhwa naziintshuntshe, oomikhonto,
noozincula.

27Kuyo intsimbi ifana nomququ; ke lona ubhedu nqwa nevithi.

28Okukokwalo utolo ayilwazele nto; kuyo ilitye lenkwitshi linkumnka ngathi
sisabhunge.

29Ke lona ibhunguza lifana nodiza; iincula ziyinto yentsini kuyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

30Isisu sayo nqwa namaceba embiza; umhlaba siwukrazula oku kwesileyi
sokubhula.

31Amanzi enzonzobila iwatsho abile okwembiza, ulwandle iluzama-zamise
okweqhaga leziqholo.

32Emva kwayo ngumzila omenyezelayo emanzini. Inzonzobila isuka ifane
neenwele zengwevu.

33Ehlabathini akukho nto inokulinganiswa nayo, nditsho isilo esingenabo
ubugwala.

34Kaloku noozindlula-mthi izikrobile; ewe, ingukumkani kwizilo zonke
ezinyalasayo."

UYobi 42

UYobi: Ndiyazisola

1Ke kaloku uYobi uphendule uNdikhoyo wenjenje:

2"Ewe, ngoku ndiyaqonda ukuba wena unako ukufeza konke; konke
okucebayo wena unako ukukwenza.

3Bendingubani ukufuna ukulenza mfiliba icebo lakho, ndingenalwazi nje?
Ngenene ndigabadele, ndithethiswa kukungaqondi; ndithethe
ngemimangaliso nezinto ezinkulu kunam.

4"Uthe kum: 'Phulaphula, mna ndiza kukubuza, wena ke uphendule.'

5Ngoko bendikwazi nje ngokuva ngeendlebe, kambe ke ngoku ndikubonile
ngala wam amehlo.

6Ngenxa yale nto ke ngoku ndiyazisola; ewe, ndiyaguquka; ndiseluthulini
naseluthuthwini."

UNdikhoyo: UYobi uya kunithandazela

7Emva kwale ntetho kaNdikhoyo noYobi uNdikhoyo ubhekise kuElifazi
waseTema, wathi: "Umsindo wam uyavutha kuwe nakubahlobo bakho
ababini, kuba anithethanga nto iyiyo ngam njengesicaka sam uYobi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

[8]Ngoko ke thathani iinkunzi zeenkomo ezisixhenxe, neenkunzi zeegusha ezikwasixhenxe, niye nazo kwisicaka sam uYobi, nizenzele idini elitshiswayo. Ke yena uYobi isicaka sam uya kunithandazela; ibe ke mna ndiya kuwamkela loo mthandazo wakhe, ndinganiphathi ngokobudenge benu. Kaloku nina anithethanga nto iyiyo ngam njengoko enzileyo yena uYobi isicaka sam."

Isiphetho

[9]Ngenene ke uElifazi waseTeman noBhildadi waseShuwa noZofare waseNama benza ngokomlomo kaNdikhoyo, waza ke yena wawamkela umthandazo kaYobi.

[10]Akuba ke uYobi ebathandazele abahlobo bakhe kuNdikhoyo, uNdikhoyo waphinda wambuyisela uYobi kundalashe. Ewe, ubutyebi bakhe wada wabuphinda-phinda.

[11]Abantakwabo noodade bakhe, ngokunjalo nâbo babemazi ngaphambili, beza, batya kunye naye emzini wakhe. Bavelana naye, bamkhuza bemthuthuzela ngenxa yesithwakumbe awayebethwe ngaso nguNdikhoyo. Bonke ngabanye ngabanye bamnika imali nomsesane wegolide.

[12]Ke kaloku uNdikhoyo walithamsanqela ikamva likaYobi nangaphezu kokuba wayenzile kubomi bakhe bangaphambili. UYobi waba neshumi elinesine lamawaka eegusha, isithandathu samawaka eenkamela, amawaka amabini eenkabi zeenkomo newaka leedonki.

[13]Waphiwa isixhenxe soonyana neentombi zantathu.

[14]Eyokuqala yayinguJimayima, kweza uKeziya, eyesithathu ke yanguKeren-hapuka.

[15]Kulo lonke ihlabathi akukho ntombi yayifika kwezo ntombi zikaYobi ngobunzwakazi. Nazo ke uyise wazinika ilifa kwanjengabantakwazo.

[16]Emva koku ke uYobi wahlala iminyaka elikhulu elinamashumi amane. Ewe, wada wabona abazukulwana nabantwana babo kwada kwaya kuthi xhaxhe ngesesine isizukulwana.

© 1996 Bible Society of South Africa.

[17]Ke kaloku uYobi wafa seleyingwevu, iminyaka selihambile.

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Iindumiso

Iindumiso 1

ICANDELO LOKUQALA
(IiNdumiso 1–41)
Ilungisa nomoni

1Hayi inyhweba yomntu ongahambiyo ngecebo labantw' abagwenxa,
ongahambiyo ekhondweni lamatshijolo, umnt' ongadlelaniyo nabaphoxisayo.

2Lowo wonwatyiswa yimiyalelo kaNdikhoyo, ayetyise emini nasebusuku.

3Unjengomth' otyalwe ngasemijelweni yamanzi, umth' ovelisa iziqhamo
ngexesha leziqhamo, umth' omagqabi angasoz' abune. Ewe, konk' akwenzayo
umnt' onjalo kuyaphumelela.

4Àbanjalo kambe bona abantw' abagwenxa; bona banjengomquq'
ophetshethwa ngumoya.

5Ngenxa yoko aboni abanako ukujongana nenkundla, koko bona baya
kugxothwa embizweni yamalungisa.

6Kaloku uNdikhoyo uyalusile indlela yamalungisa; ke indlela
yabakhohlakeleyo iya kudaka.

Iindumiso 2

UMthanjiswa kaThixo

1Ngani na izizwe zisenza imbudumbudu nje? Ngani na abantu besenza
amayelenqe azé nje?

2Ookumkani bemi bume, neziphathamandla zenza amabhunga okuvukela
uNdikhoyo nomthanjiswa wakhe, besithi:

3“Masiziqhawule ezo mbophelelo zabo, sikhululeke kuloo makhamandela
abo.”

4Lowo ungqendeve esihlalweni sakhe ezulwini uyabahleka; uNdikhoyo usuka
abagxwale.

5Uya kusuka akhalimele ngomsindo, abankwantyise ngengqumbo yakhe, athi:

© 1996 Bible Society of South Africa.

6“Ndim lo umisele lo kumkani wam phezu kweZiyon, intaba yam ncakasana.”

7Ewe, ndivakalisa isibhengezo sikaNdikhoyo esithi: “Ungunyana wam wena; ndikuzele namhlanje.

8Cela kum, ndikunike iintlanga zibe lilifa lakho, namaphethelo ehlabathi abe ngawakho.

9Wòzilawula ngegqudu lentsimbi, ùzintlekeze zibe ziingceba oku kwezitya zomdongwe. ”

10Ngoko ke, nina bokumkani, lumkani, nina ziphathamandla zelizwe, yalekani.

11Mkhonzeni ngembeko uNdikhoyo, nivuye ninokuzoyikela.

12Khahlelani kuye unyana ngentobeko, hleze aniqumbele nitshabalale endleleni; kaloku umsindo wakhe uyakhawuleza. Hayi uyolo lwabo bonke abazimela ngoNdikhoyo!

Iindumiso 3

Umthandazo wokucela uncedo kusasa

Umhobe kaDavide xa wayesaba uAbhasalom unyana wakhe.

1 Ndikhoyo, hay' ukuba ninzi kwazo iintshaba zam! Ewe, zindivukela zinguMbo nomXesibe.

2Zide zithi xa zithetha ngam: “Naloo Thixo wakhe akamhlanguli konke!”

3Kambe ke, wena Ndikhoyo, ulikhaka lam. Usisidima sam; undenza ndibe neqhayiya.

4Ndiyakhala, ndibhenele kuNdikhoyo, andiphendule esentabeni yakhe eyodwa.

5Ndiyaphumla, ndilale ubuthongo, ndibuye ndivuke, kuba uNdikhoyo uyandixhasa.

6Andiwoyiki amawaka-waka eentshaba, naxa zindirhawule nje, zindingqonge macal' onke.

© 1996 Bible Society of South Africa.

7Khawuphakame ume, Ndikhoyo! Ndisindise, Thixo wam! Kaloku nguwe
ozoyisayo zonk' iintshaba zam; ewe, nguwe ozaphul' iimpondo iintshaba zam.

8Ukuhlangulwa kuvela kuwe, Ndikhoyo; khawubathamsanqele ke abantu
bakho!

Iindumiso 4

Umthandazo wokucela uncedo ngokuhlwa

Umhobe kaDavide; kumbhexeshi-kwayara; uphelekwa ngeentambula.

1Ndiphendule ndakukhala kuwe, Thixo, mlondolozi wamalungelo am!
Wandikhulula embandezelweni yam; yiba nenceba ke ngoko, uwuve
umthandazo wam.

2Bantundini, koda kube nini na nindihlazisa? koda kube nini nithand' ilize,
niphuthaphuth' ubuxoki?

3Yazini ke ukuba uNdikhoyo uyabathand' abantu bakhe; uyandiva xa
ndizibika kuye.

4Xa niqumbileyo, ze ningoni; loo nto yetyiseni nithe cwaka kwiimandlalo
zenu.

5Menzeleni amadini alungileyo, nikholose ngaye uNdikhoyo.

6Baninzi abalangazelela okulungileyo. Ndikhoyo, sikhangele ngobubele,

7usiphe ukuchulumacha okudlula okwâbo bakufumana ngomdliva
wengqolowa newayini.

8Ndiya kuphumla ngenzolo, ndilale; nguwe kuphela kaloku, Ndikhoyo,
ondinqabisayo.

Iindumiso 5

Umthandazo wokucela inkokhelo

Umhobe kaDavide; kumbhexeshi-kwayara; uhlatyelwa ngeefleyiti.

1Khawuwabekel' iindlebe amazwi am, Ndikhoyo, usigqale isingqala sam.

2Kuve ukukhala kwam, kumkani wam, Thixo wam, xa ndithandazayo kuwe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Uyawuva umthandazo wam, Ndikhoyo, kwakusasa: kwakusasa ndizibika kuwe, ndilinde impendulo.

4Kaloku unguThixo ongadlelaniyo nobugwenxa; akukunyamezeli ukungcola phambi kwakho.

5Akubanyamezeli abantw' abazingcayo; ubuthiye bonk' ubugqwirha.

6Uyawatshabalalisa amaxoki; ewe, Ndikhoyo, abaxhaphi-gazi nabakhohlisi banezothe kuwe.

7Ke mna ndiya kungena endlwini yakho, ngenxa yobubele bakho obuncamisileyo, ndikunqule endlwini yakho ekhethiweyo, ndikunqule ngembeko ndingcangcazela.

8Ndikhokelel' ekwenzeni intando yakho, Ndikhoyo. Kaloku baninzi abandichasayo; yenze icace phambi kwam indlela yakho.

9Azinanyani iintshaba zam, iintliziyo zazo zizel' inkohlakalo; Zizungula ukutshabalalisa ngentetho elalanisayo.

10Zohlwaye, Thixo; zirhintyele kwangamacebo azo; zigxothe ngenxa yezono zazo, kuba ziphikisana nawe.

11Bayavuya bonke abo bathembela ngawe; bohlala bechulumacha luvuyo. Kaloku uyabakhusela abo bakuthandayo; abo ke banemihlali ngenene.

12Ndikhoyo, uyabathamsanqela abakuthobelayo, ubafukamele ngobubele ngathi bagqunywe ngekhaka.

Iindumiso 6

Ukucela uncedo engxakini

Umhobe kaDavide, kumbhexeshi-kwayara; uhlatyelwa ngeentambula; ngelizwi lebhasi.

1Uze ungandikhalimeli unomsindo, Ndikhoyo; ungandohlwayi uqumbile.

2Yiba nenceba kum, Ndikhoyo, kuba ndityhafile; ndomeleze, Mhlekazi, ndiphelelwe.

3Ndihleli ndinexhala elibi; koda kube nini kodwa kunje, Ndikhoyo?

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Yiza, Ndikhoyo, undihlangule; ndikhulule ngenxa yothando lwakho olungajikiyo.

5Kaloku akusekho kukukhumbula kwabafileyo; akukho bani unokukudumisa engcwabeni.

6Sendide ndatyhafa sisingqala; ubusuku ngobusuku ndiyantywizisa; umqamelo umanzi tixi ziinyembezi.

7Atyhumfutyhumfu amehlo am kukulila; sekude kwanzima nokujonga. Ndinje nje nje kungenxa yeentshaba zam.

8Sukani kum, nonke nina mathol' esihulu-hulu! Kaloku uNdikhoyo usivile isingqala sam.

9Ukuvile ukubongoza kwam, wawuphulaphula umthandazo wam.

10Ziya kudana, zidideke zonk' iintshaba zam; ziya kujika ngephanyazo, ziphoxekile.

Iindumiso 7

Ukuthandazela ukuncedwa kwelungisa

Isililo sikaDavide awasivumela uNdikhoyo ngenxa kaKushe wesizwe sakwaBhenjamin.

1Thixo wam, Ndikhoyo, ndithembele ngawe! Ndihlangule, undisindise kubo bonk' abandileqayo,

2hleze bandiqwenga-qwenge njengengonyama, bandiqangqulule ndibe zizijungqe ndingenamhlanguli.

3Thixo wam, Ndikhoyo, ukuba kukho nto ndiyenzileyo kwezi zinto: ukuba kukho bani ndimonileyo,

4nokuba ndingcatshe umhlobo wam, okanye ndifumane ndalwenzakalisa utshaba lwam,

5malundileqe ke lundifumane utshaba, lundinqumle, ndife kube kanye, lundishiye apho ndilutywantsi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

6Khalima ngomsindo, Ndikhoyo; undithethelele kule ngqumbo yeentshaba zam. Thixo wam, vuka undincede; kaloku wena ufuna kugwetywe ngobulungisa.

7Mazibizwe zonke izizwe zikungqonge, ungqendeve esihlalweni sakho phezu kwazo.

8NguNdikhoyo umgwebi wabo bonk' abantu. Ligwebe ityala lam ke, Ndikhoyo, bucace ubulungisa bam, kucace ukuba ndimsulwa.

9Phelisa inkohlakalo yabantw' abagwenxa, uwazimase amalungisa, wena Thixo othand' ukulunga, ogocagoca iintliziyo neengcinga zabantu.

10Likhaka lam uThixo, uyabakhusela abantw' abathand' ukulunga.

11UThixo ngumgwebi olilungisa; unguThixo ocatshukisw' imihla nezolo.

12Ukuba abazohlwayi abantu wolirhola ikrele lakhe elibukhali uThixo. Selesityedile isaphetha sakhe, wema kuhle;

13uzikhuphile esingxotyeni sazo izikhali, wajolisa ngeentolo ezinomlilo.

14Khangela, umnt' ogwenxa ukhawula ukungcola, amith' ubumenemene, azal' ubuxoki.

15Umba umhadi onzulu, ajike eyele kwakuloo mgibe awenzileyo;

16urhintyelwa kwabubumenemene bakhe, isikhuni sibuye nomkhwezeli.

17Ndiyambulela uNdikhoyo ngenxa yobulungisa bakhe. Ndisaya kumbonga uNdikhoyo uPhezukonke.

Iindumiso 8

Ubungangamsha bukaThixo nesidima somntu

Umhobe kaDavide; kumbhexeshi-kwayara; uvunywa ngathi yilaa ngoma yamaGati.

1 Ndikhoyo, Nkosi yethu, hayi ukubaluleka kwegama lakho ehlabathini! Wena uqaqambisa amazulu ngesithozela sakho,

2nditsho abantwana kwaneentsana ziyakubonga, nto leyo ibamisela umqobo abachasi wokuvalela utshaba kwanomphindezeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Xa ndiqwalasela amazulu owenzileyo, inyanga, neenkwenkwezi ezidalwe nguwe,

4ngubani yena umntu, le nto umkhumbulelayo, engubani yena unyana womntu, le nto umkhathalelayo?

5Ngaphezu koko umenze wanganeno kancinane nje kuwe, Thixo; umthe jize ngesihomo nesithozela.

6Umnike igunya kuyo yonke indalo yakho, wazibeka phantsi kwegunya lakhe zonk' izinto:

7iinkomo neegusha, kwanazo neenyamakazi;

8iintaka eziphaphazelayo, neentlanzi, nayo yonke into ephithizela elwandle.

9Hayi ukubaluleka kwalo igama lakho ehlabathini liphela, Ndikhoyo, Nkosi yethu!

Iindumiso 9

Ukubulela uThixo umgwebi olilungisa

Umhobe kaDavide; kumbhexeshi-kwayara; uvunywa ngathi yilaa ngoma ithi: "Ukufa konyana."

1Mandikubonge ngomxhelo wam wonke, Ndikhoyo, ndibalise ngayo yonke imimangaliso oyenzileyo.

2Ndomemelela ngemincili, ndikuvumel' ingoma, ndibonge wena, Phezukonke.

3Zithe xa zihlehlayo iintshaba zam, zawa zatshabalala, wakuvela wena, Ndikhoyo.

4Kaloku undigwebele ityala lam; ungqendeve esihlalweni sakho, wena mgwebi olungileyo.

5Uzikhalimele iintlanga, wabatshabalalisa abantw' abagwenxa, waliphanzisa kwaphela igama labo.

6Iintshaba zethu zibhangile mpela, uzidilize didli izixeko zazo; sele zacimayo nasezingqondweni.

© 1996 Bible Society of South Africa.

7Kodwa uNdikhoyo uya kuhlal' elawula kude kube nini-nini; selengqendeve enkundleni yakhe, elungele ukugweba.

8Ulilawula ngobulungisa elimiweyo; azigwebe kakuhle zonke iintlanga.

9NguNdikhoyo inqaba yokuzimela abacinezelwayo; nguye ikhusi ngamaxesha eembandezelo.

10Bathembele ngawe, Ndikhoyo, bonke abakwaziyo; kaloku akuzange ubafulathele abo bakufunayo.

11Mbongeni uNdikhoyo ongqendeve ebhotwe eZiyon; zibhengezeni eluntwini izinto asenzele zona.

12Uyaliphindezela igazi labacinezelweyo; akasilibali isikhalo sabo baselusizini.

13Ndenzele inceba, Ndikhoyo; bona indlela abandiphethe ngayo abo bandithiyileyo, wena ondihlangula ethunzini lokufa.

14Mandiluxele udumo lwakho phakathi kwabantu bakho eJerusalem. Ewe, ndinemincili ngenxa yokuba undihlangule.

15Iintlanga zeyele kumhadi ebeziwembile, zabhajiswa sisabatha ebezisithiyile.

16Uzibonakalisile uNdikhoyo, wasiwisa isigwebo; izikhohlakali zarhintyelwa kwayimisebenzi yazo.

17Ziya kwelabafileyo izikhohlakali, neentlanga zonke ezimfulathelayo uThixo.

18Kaloku akayi kusoloko elityalwa amahlwempu; ithemba labahlelelekileyo aliyi kusoloko lifuthaniselwe.

19Lamla, Ndikhoyo; malungaphakami uluntu; mazize phambi kwakho uzigwebe iintlanga.

20Zenze zikoyike, Ndikhoyo, ziqonde ukuba zingabantu nje kuphela.

Iindumiso 10

Ukucela uncedo

© 1996 Bible Society of South Africa.

[1]Yini na, Ndikhoyo? Wachasela? Kutheni? Wazifihla ngexesha longxunguphalo?

[2]Abantw' abagwenxa banolunya; bayabaleqa ababuthathaka. Mabarhintyelwe kwangaloo mayelenqe abo.

[3]Bayazidla ngaloo magugwana abo, bazicengezele konempumelelo, bamdele uNdikhoyo.

[4]Libathe lwale ikratshi abantw' abagwenxa; bade bazikhohlise ngokuthi: “Akukho Thixo ngandawo!”

[5]Zinempumelelo zonk' iinzame zabo, kodwa imiyalelo yakho ikude lee kubo. Bayazeya zonke iintshaba zabo.

[6]Baziqhayisa ngokuthi abasoze boyiswe nto bona, abasoze balibone ishwangusha.

[7]Umlomo wabo mbi, uzel' izishwabulo, ubuxoki, nezisongelo; basoloko beceba ububi nobutshinga.

[8]Bahamba bencathama ngezindlu ezixekweni, bezungul' ukugwint' abantw' abangenatyala, balalel' abantw' abangenakuzikhusela.

[9]Bazimel' engontsini, baxel' ingonyama, ilalel' ixhoba elingumnt' oludwayi; xhakamfu bambambise ngomgibe wabo!

[10]Nal' olo sizana lungen' esigwini lusoyisakala.

[11]Bathi xa bezikhohlisa: “UThixo akakhathali; akahoyanga nto; akasoz' aqonde.”

[12]Lamla, Ndikhoyo; caca ukuba unguThixo! Sukubalibal' abantw' abahlelelekileyo!

[13]Kungani bekudela nje abantw' abagwenxa? Kutheni le nto bade bathi: “Akukho nt' aya kuyenza loo Thixo”?

© 1996 Bible Society of South Africa.

14Ewe, wena uzijongile wazibona iintlupheko neentsizi, khon' ukuze ulungele
ukusisiza. Ewe, zibalekela kuwe nazo iindwayi, wena ongumncedi
weenkedama.

15Zaphul' iimpondo ke izikrelemnqa nabantw' abagwenxa; bohlwaye ide
iphele nya inkohlakalo yabo.

16Ngukumkani uNdikhoyo kuya kude kube nini-nini. Zobhanga ziphele nya
emhlabeni iintshaba zakhe.

17Ndikhoyo, uyaziva izicelo zabantw' abathobekileyo; uyabavuselela,
uziphendule izicelo zabo.

18Iinkedama nabacinezelweyo uyabaqwebela, khon' ukuze oonyana babantu
bangagrogrisi mntu ehlabathini.

Iindumiso 11

Ukuthembela ngoThixo

Umhobe kaDavide; kumbhexeshi-kwayara.

1Ndithembele ngoNdikhoyo nje, ningathini ukuthi: “Balekela ezintabeni zenu
njengentaka!

2Kaloku abantw' abagwenxa sebejolisile ngesaphetha esinotolo, bajolisel'
ukulidubul' emnyameni ilungisa.

3Xa sekudilike neziseko nje, lingenzani ke lona ilungisa?”

4UNdikhoyo ukwibhotwe lakhe elilodwa, uhlel' esihlalweni sakhe ezulwini.
Uyabagqala oonyana babantu, uyazibona izintw' abazenzayo,

5uyabavavany' abalungileyo nabagwenxa, abathiye ngentiyokazi enkulu
abaphalazi-gazi.

6Uya kubabetha ngesichotho sesalfa namalahl' avuthayo abantw' abagwenxa;
iziphango nezaqhwithi ziba sisabelo sabo.

7Kaloku ulilungisa uNdikhoyo; uyazithanda izenzo ezilungileyo. Abo
balungisayo bobonana naye ubuso ngobuso.

© 1996 Bible Society of South Africa.

Iindumiso 12

Ukucela uncedo

Umhobe kaDavide; kumbhexeshi-kwayara; uvunywa ngebhasi.

1Nceda, Ndikhoyo! Akukho namnye umnt' olungileyo; baphelile abantw'
abathembekileyo.

2Bathetha ubuxok' abantu, bekhohlisana. Bav' amantyontyelo baxokisane
ngeentethw' ezimbaxa.

3Wobaqhawul' imilebe uNdikhoyo abantw' abakhohlisayo; wobashunqul'
iilwimi abantw' abazigwagwisayo.

4Nditsho nkqu abo bathi: “Sophumelela ngolwimi lwethu. Iyeyethu nje
imilebe le, ngubani owosixelela emasikuthethe?”

5“Ndiza kulamla ke ngoku,” utsho uNdikhoyo, “ngenxa yokuba amahlwempu
ayacinezelwa, neentsizana ziyancwina. Ndobanika oko kuphumla
bakulangazelelayo.”

6-7Zithembekile izithembiso zikaNdikhoyo, azinasibhidi, zinjengesiliva
enyityilikiswe eziko kasixhenxe. Uzigcinile izithembiso zakho, Ndikhoyo;
sigcine sikhuselekile kubantw' abagwenxa.

8Basingqonge macal' onke abantw' abagwenxa, lo gama wonke ubani
ekuvuyela ukungcola.

Iindumiso 13

Ukucela uncedo

Umhobe kaDavide; kumbhexeshi-kwayara.

1Koda kube nini na, Ndikhoyo, undilibele kwaphela? Koda kube nini na
ndingakuboni?

2Koda kube nini na ndinomva-ndedwa, ndinesingqala, ibuhlung' imini yonke
intliziyo yam? Koda kube nini zindivuyelel' iintshaba zam?

3Bek' iindlebe, Ndikhoyo, undive, Thixo wam. Ndihlaziye, hleze ndilal'
ubuthongo bokufa,

© 1996 Bible Society of South Africa.

4hleze luthi lundoyisil' utshaba lwam, bachwayit' ababandezeli, kuba ndoyisiwe.

5Kodwa ndithembe uthando lwakho olungajikiyo; ndochulumacha kuba uyandihlangula.

6Ndombonga uNdikhoyo, kuba endiphethe ngobubele.

Iindumiso 14

Abakhohlakeleyo
(Ndum 53)
Umhobe kaDavide; kumbhexeshi-kwayara.

1Iziyatha zithi akukho Thixo ngandawo. Zonakele, futhi zenza amasikizi; akukho ulungisayo kuzo.

2Ke yena uNdikhoyo ubabukele abantu; uhlel' ezulwini efuna ukuqonda ukuba ngaba sikho na isilumko, nditsho ofuna ukunqula uThixo.

3Kambe ke bonke bemkile, xa bebonke bonakele; kuba akakho olungisayo, nditsho nokuba abe mnye.

4Abanangqondo na abakhohlakeleyo; abo baxhaphaza amawethu, ngathi batya isonka, bangamnquliyo nokumnqula uNdikhoyo?

5Baya kunkwantya benkwantyile, kuba uThixo ukunye nâbo bamthobeleyo.

6Nangona aminxwayo amacebo osizana, nguNdikhoyo olixhadi lalo.

7Akwaba ingavela eZiyon inkululeko yamaSirayeli, akuba uNdikhoyo eyibuyisile inkqubela yabantu bakhe. AbakwaYakobi baya kugcoba; ewe, ochulumacha amaSirayeli.

Iindumiso 15

Undwendwe lukaNdikhoyo
Umhobe kaDavide.

1 Ndikhoyo, ngubani oya kuba lundwendwe lwakho; ingubani oya kutyelela kwakho?

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Ngulowo uhambo ingenabala, owenza ubulungisa, ayithethe inyaniso
engafihlisi.

3Ngulowo unganyelisiyo, ungamenziyo into embi uwabo, ungamhlebiyo
ummelwana wakhe.

4Ngobadelayo abo babukulwe nguThixo, abancome abo bamoyikayo
uNdikhoyo, ofunga angajiki noba kunyembelekile.

5Ngongabolekisi ngemali yakhe, ngenxa yokuba efuna inzala; ngongekhe
anyotywe ngokuthengisa umnt' ongenatyala. Lowo ke wenjenjalo ngumnt'
ozinzileyo.

Iindumiso 16

Umthandazo wethemba

Ucamngco lukaDavide.

1Ndikhusele kaloku, Thixo; ndithembele ngawe.

2Ewe, ndiyazibika, Ndikhoyo; nguwe iNkosi yam; ngaphandle kwakho,
Mhlekazi, andinabani.

3Kuba mna ulonwabo lwam luphakathi kwemilowo yakwaThixo; nditsho leyo
itshatsheleyo kweli hlabathi.

4Bazandisel' iintsizi abo bazinyulela thixo wumbi. Andiyi kuba nanxaxheba
kumadini abo; andiyi kubanqula ngomlomo wam oothixo babo.

5Nguwe kuphela, Ndikhoyo, inxaxheba endiyabelweyo; lisentendeni yesandla
sakhw' ibango lam.

6Isabelo sam sisendaweni entle; hayi ukuba lihle kwalo ilifa lam!

7Mbongeni uNdikhoyo ngokuba endiphe icebo; nesazela sam siyandiluleka
ebusuku.

8Ndihlala ndimbeke phambi kwam uNdikhoyo; ungasekunene kwam, ngoko
ke andiyi kushukunyiswa nto.

9Yiyo ke loo nto ndihleli ndichwayitile nje; ngenene ndiziva ndikhuselekile.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Kaloku akuyi kundishiya enyanyeni ndide ndife; akuyi kusiyeka sibole
isicaka sakho esithembekileyo.

11Wena undazisa iindlela zobomi; kaloku ndizala yimincili xa ndiphambi
kwakho. Ngasekunene kwakho yimihlali yodwa kude kube ngunaphakade.

Iindumiso 17

Umthandazo womntu ongenankohliso

Umthandazo kaDavide.

1Kuphulaphule ukunyaniseka kwam, Ndikhoyo; kubazel' iindlebe
ukutarhuzisa kwam. Yiva, nas' isicelo sam. Kaloku mna andinankohliso.

2Malicace kuwe ibango lam; amehlo akho makakhangele ngokungenaxanasi.

3Uyicikidile intliziyo yam, wandivelela ebusuku; undivavanyile, akwafumana
bugwenxa kum. Kaloku ndizimisele ukungoni, nditsho nangokuthetha oku.

4Andixelisang' abany' abantu ngokuphikisana nomyalelo wakho;
ndizikhwebule kwiindlela zamathanda-gazi.

5Ndithe ngcembe, ndihamba ngendlela yakho; andaphambuka konke kuyo.

6Ndizibika kuwe, Thixo; kaloku uyandiva; zibaze iindlebe, uwuve
umthandazo wam.

7Bonakalisa uthando lwakh' olungagugiyo, wena msindisi wâbo bathembela
ngawe, ubakhusele ezintshabeni zabo.

8Ndilondoloze ngokokhozo lweliso lakho, undisithelise ngethunzi lamaphiko
akho

9kubantw' abagwenxa abandihlaselayo, kwezo ntshaba zindingqongileyo,
zifuth' inkohlakalo.

10Azinalo novelwano; zithe lwale likratshi.

11Ziyandizungula, zifun' ukundirhangqa; zindithe ntsho ngamehlo, zijong'
ukundiqethula.

© 1996 Bible Society of South Africa.

12Zifun' ukundithi qwenge-qwenge zixel' ingonyama; zindilalele zincatham'
engontsini njengerhamncwa.

13Lamla, Ndikhoyo; zikhalimele iintshaba, uzichithe! Ndihlangule ngekrele
lakho kubantw' abagwenxa.

14Ndihlangule, Ndikhoyo, koohlohlesakhe abazisu zimbaxa, betsho
ngenyambalala yoonyana. Bathi zubelele bafe, babushiyel' oonyana obo
butyebi.

15Mna ndobonana nawe ngenxa yobulungisa bam; ndokwaneliswa kukubona
wena xa ndivukayo.

Iindumiso 18

Ingoma kaDavide yoloyiso

(2 Sam 22)

Umhobe kaDavide; kumbhexeshi-kwayara. UDavide isicaka sikaNdikhoyo wawubhekisa lo mhobe kuNdikhoyo mhla wamkhulula kwiintshaba zakhe nakuSawule, wathi:

1Ndiyakuthanda, Ndikhoyo, mandla am.

2NguNdikhoyo iliwa lam; nguye inqaba yam; nguye umkhuseli wam. Xa
ndizimele ngoThixo wam ndihlala ndikhuselekile. Nguye ikhaka lam, nguye
ondigcina ndifihlakele.

3Ndithi ndakukhala kuNdikhoyo, asuke andithi hlasi kwiintshaba zam.
Ngenene, makabongwe uNdikhoyo!

4Bendirhintyelwe ziintambo zokufa, amaza arhaxayo endigubungele.

5Ukufa bekundirhangqile, ingcwaba selivuleke lithe ng'aa.

6Ndazibika kuNdikhoyo ndikuloo ngxingongo, ndalucela uncedo kuThixo
wam. Wandiva engqendeve ebhotwe lakhe, savakala kuye isikhalo sam.

7Suka wagungqa wanyikima umhlaba, nditsho neziseko zeentaba zashukuma,
kuba uThixo wayenomsindo.

8Kwathi phoko umsi emathatheni akhe, walephuza amadangatye ngomlomo,
kuliqika amalahle avuthayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

[9]Wasikrazula isibhakabhaka, wehla, ethe zukuva phezu kwelifu elimnyama.

[10]Wandanda ngenqwelo yezithunyw' ezimaphiko itshebeleza ngesantya emoyeni.

[11]Wayethiwe gqume sisithokothoko, kumnyama thsu; engqingwe ziingqimba zamafu anemvula.

[12]Kwaw' isichotho namalahl' avuthayo, ziphuma kumban' ongaphambi kwakhe, zagqobhoza kuloo ntshinyela yamafu.

[13]Wazongoma esibhakabhakeni uNdikhoyo, lavakal' ilizwi loPhezukonke, satsho isichotho nemibane.

[14]Wadubula ngeentolo zakhe, zee qhu saa iintshaba, eziswantsulisa ngokugqekreza kwemibane.

[15]Ewe, watsho zoma qoko iilwandle, kwatsho kwavela neziseko zelizwe, wakukhalima, wena Ndikhoyo, ugragramela iintshaba unomsindo.

[16]Wehla, wandithi hlasi uNdikhoyo, wandihlangula kumanzi enzonzobila.

[17]Wandihlangula kwiintshaba zam nakwabo bandichasayo, bendivuyelela.

[18]Bandihlasela ndisengxingweni, wandikhusela yena uNdikhoyo.

[19]Wandihlangula ndisengozini, wandisindisa kuba ekholisekile ndim.

[20]Wandivuza uNdikhoyo, kuba ndandilungisa; wandithamsanqela, kuba ndimsulwa.

[21]Umthetho kaNdikhoyo ndiyawuthobela; andimfulathelanga uThixo wam.

[22]Yonke imiyalelo yakhe ndiyigcinile; andiyaphulanga imithetho yakhe.

[23]Uyandazi ukuba andonanga; ndiyazilumla ekwenzeni ububi.

[24]Ngoko ke uyandivuza, kuba ndisenza okulungileyo; uyandivuza, kuba akukho sikhwa kum.

[25]Uthembekile, Ndikhoyo, kwabo bathembekileyo; ubenzela ububele abo bandlela zithe tse.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[26]Umsulwa kwabo bamsulwa; uchasene nabo bangamatshijolo.

[27]Ungumsindisi wabathobekileyo; uyabathoba abo banekratshi.

[28]Usisibane sokundikhanyisela, wena Ndikhoyo; undigxothela ubumnyama, wena Thixo.

[29]Ewe, ngawe ndingawuchitha-chitha nomkhosi, ngamandla akho ndilutsibe nongqameko lwawo.

[30]Hayi bo, zigqibelele izinto azenzayo lo Thixo! Hayi ukuthembeka kwelizwi lakhe! Uyabakhusela bonke abo bathembela ngaye.

[31]NguNdikhoyo yedwa uThixo; nguye kuphela osikhuselayo.

[32]Ewe, nguThixo ondinika amandla; nguye oyenza iphumelele indlela yam.

[33]Undicondobisa kuhle njengenxala, ndichankcathe emaweni ndingatyibiliki.

[34]Undiqhelisa ukulwa edabini, andifundise ukugoba isaphetha esomeleleyo.

[35]Ndikhoyo, undinike ikhaka lokuhlanganisa, wandixhasa ngesandla sakho esinamandla; undibonelele ndatsho ndazimaseka.

[36]Undimise endaweni ephangaleleyo; azinakutyibilika kuyo iinyawo zam.

[37]Ndizisukela ndizifumane iintshaba zam; andijiki ndide ndizitshabalalise.

[38]Ndizithi ntshinte-ntshinte zingavuki tu, ziqungquluze apho phambi kwam.

[39]Undinika amandla edabini, undoyisele iintshaba zam.

[40]Ziyandoyika iintshaba zam; abandithiyileyo ndibatshabalalisile.

[41]Ziba ngafuna uncedo, zingancedwa bani; ziba ngazibika kuNdikhoyo, angaphenduli.

[42]Mna ndizicumza zibe njengothuli luphetshethwa ngumoya, ndizinyhashe okodaka endleleni.

[43]Wandihlangula kubavukeli, walimisa igunya lam ezizweni, ndada ndaphatha nabo bendingabazi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

44Bayandithobela bakuwuva umthetho wam; ndikhahlelwe nangabasemzini abantu,

45bephuma kwiinqaba zabo begubha, bephelelwe sisibindi xa bebonke.

46Huntshu! Khul' ud' ukhokhobe, Ndikhoyo! Mawubongwe, wena mkhuseli wam, Thixo ongumhlanguli wam!

47Wena undoyisela iintshaba zam; wena ugoba iintlanga zitsho zindikhahlele;

48wena undihlangula kwabandichasayo! Ewe, undoyisele iintshaba zam, wandikhusela kubaphalazi-gazi.

49Ngoko ke ndiya kukubonga phakathi kwezizwe, ndityibele ndivuma umbongo wakho, Ndikhoyo.

50NguThixo omnika uloyiso ukumkani, omenzele izibele umthanjiswa wakhe, uDavide nayo yonke inzala yakhe kude kuse ephakadeni.

Iindumiso 19

Indalo nomyalelo kaThixo

Umhobe kaDavide; kumbhexeshi-kwayara.

1Amazulu abalisa ngobungangamsha bukaThixo, nesibhakabhaka sixela umsebenzi wezandla zakhe.

2Imini ixelela imin' elandelayo, nobusuku bubikela ubusuk' obulandelayo.

3Akukho ntetho namazwi nasandi sivakalayo;

4kodwa kukho intlokoma kulo lonk' elimiweyo, nebali lazo liwugqibe wonk' umhlaba. UThixo ulakhele esibhakabhakeni ilanga.

5Liphuma linyalasa njengomyen' ephum' entangeni, nanjengembalek' engxamel' ukubalek' elugqatsweni.

6Liphum' emaphethelwen' esibhakabhaka, liye kutshw' emaphethelweni kwelinye icala; akukho nto inokusinda kwingqatsini yalo.

7Ugqibelele won' umyalelo kaNdikhoyo: uhlaziya amandla. Uthembekile wona, kub' unik' isiyatha ubulumko.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Imimiselo kaNdikhoyo ilungile: ivuyis' intliziyo. Imithetho kaNdikhoyo inyulu: ikhanyisel' amehl' indlela.

9Kulungil' ukunqul' uNdikhoyo; koba njalo nanini-nini. Ziyinyanis' izigqibo zakhe, yaye zilunge kwaphela.

10Zinqweneleka ngaphezu kwegolide, nditheth' igolid' engcwengileyo; zimnandi ngaphezu kobusi, ewe, ndixel' ikhephelele lenqatha lobusi.

11Ngaphezu koko ziyasilulek' isicaka sakho, yaye ngumvuz' omkhulu ukukuthobela.

12Kambe ke ngubani oziqiqayo iziphoso zakhe? Ndikhulul' ezonweni endingaziqondiyo.

13Ndikhusel' ezonwen' ezibangwa likratshi, hleze zindongamele. Ndiyakwandul' ukuba msulwa ndakuba ndikhululekil' ezonweni ezoyikekayo.

14Ngamana angamkeleka kuwe, Ndikhoyo, amazwi am neengcamango zentliziyo yam, wena mkhuseli wam nomkhululi wam.

Iindumiso 20

Umthandazo woloyiso

Umhobe kaDavide; kumbhexeshi-kwayara.

1Wanga uNdikhoyo angakuphulaphula ngemini yeembandezelo! Wanga angakukhusela uThixo kaYakobi!

2Wanga angakuthumela uncedo luvel' ebhotwe lakhe, akuxhase esentabeni yeZiyon.

3Wanga angayamkela iminikelo yakho uThixo, akholiseke ngamadini omenzela wona.

4Wanga angakunika umnqweno wentliziyo yakho, aziphumelelise zonk' iinquleqhu zakho.

5Sokwandul' ukuba nemincili ngoloyiso lwakho, siphakamis' izindwe, simbong' uThixo. Wang' uNdikhoyo angaziva izicelo zakho!

© 1996 Bible Society of South Africa.

6Kaloku ndiyaz' ukuba uNdikhoyo uyamnceda umthanjiswa wakhe, uyamva
ekwibhotwe lakhe elilodwa ezulwini, umnik' uloyiso ngamandla akhe.

7Baqhayisa ngeenqwelo zokulwa abanye, abanye ngamahashe; thina
siqhayisa ngoNdikhoyo uThixo wethu.

8Bona babhukuqwa bawe; thina sisuka sime ngxishi.

9Ndikhoyo, mnike amandla oloyiso ukumkani; sive naxa sizibika kuwe!

Iindumiso 21

Umbongo woloyiso

Umhobe kaDavide; kumbhexeshi-kwayara.

1Uyavuya ukumkani ngenxa yamandla akho, Ndikhoyo, uyachulumacha kuba
umnike uloyiso.

2Umnikile umnqweno wentliziyo yakhe; usivile isicelo sakhe.

3Umhlangabeze ngeentsikelelo ezingathethekiyo, wamthi jize ngesithsaba
segolid' entloko.

4Wacela ubomi kuwe; wampha ubom' obude obuhlala buhleli.

5Ufumene imbeko enkulu ngenxa yoncedo lwakho; umnike udumo
nobungangamela.

6Ewe, umnike uyolo olungapheliyo; kwanobukho bakho buyamchwayitisa.

7Kaloku ukumkani uthembele ngoPhezukonke, yaye ngenxa yenceba
kaNdikhoyo uya kuhlal' engukumkani.

8Zonk' iintshaba zakho uya kuzibhaqa; uya kubafumana bonk' abakuthiyileyo.

9Úya kubatshisa ngesihogo somlil' akufika; uNdikhoyo wobatshabalalisa
ngomsindo, abaqwele ngomlilo.

10Uya kuyiphelisa inzala yabo ehlabathini, bangabikho abantwana babo
phakathi kwabantu.

11Nokuba bayila ububi ngawe, nokuba benza iyelenqe, abanakuphumelela.

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Kaloku úya kubadubula ebusweni ngeentolo zakhe, abachithe babe ziintsalu.

13Mawubongwe, Ndikhoyo, ngenxa yobugorha bakho; thina sokubonga sikudumise ngenxa yamandla akho.

Iindumiso 22

Isililo nengoma yokubonga

Umhobe kaDavide; kumbhexeshi-kwayara. Uvunywa ngokwengoma ethi: "Inxala lomsobomvu."

1Thixo wam, Thixo wam, undishiyeleni na? Kudala ndizigixa, ndicel' uncedo, kodwa andikalufumani unangoku!

2Thixo wam, emini ndikhalela kuwe, kodwa akundiva. Nasebusuku ndiyakhala, ndingafumani kuphumla phezu koko.

3Kambe wena ungqendeve phakathi kwabakudumisayo; nditsho wena ngangamela yakwaSirayeli.

4Babekholose ngawe ookhokho bethu; babekuthembile, wabahlangula wena.

5Bakhala kuwe, wabakhulula wena; babethembele ngawe, akwabadanisa.

6Ke mna andimntu, ndifana nqwa nombungu; ndiyintlekisa ebantwini, ndideliwe luluntu.

7Bonk' abandibonayo bayandigxwala; bandinyevulele, bahlunguzelis' intloko besithi:

8"Ubethembele kuNdikhoyo, makamhlangule kaloku; makamkhulule ukuba uyamthanda."

9Kanti ke nguwe owawundikhusele kwasekuzalweni kwam, wandilondoloza ndisesemabeleni kama.

10Ndahlulelwa wena kwasekuzalweni kwam; ubunguThixo wam wena ndingekazalwa.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Mus' ukuba kude kum. Kaloku sele isemnyango imbandezelo; ibe akukho namnye ongandincedayo.

12Zindingqongile iintshaba zam, ngathi ziinkunz' ezomeleleyo zaseBhashan; zindivelele macal' onke.

13Zikhamisile, zindivulel' imilomo; ziyandijamela zixel' ingonyam' egqumayo.

14Ndiphelelwe; amandla aphalele njengamanzi, ahlukene onke amathambo am, intliziyo yam iyanyibilika ngathi ngumthwebeba.

15Aphele mpel' amandla kum, ulwimi lwam lunamathel' ezinkalakahleni, undishiy' eluthulini njengofileyo.

16Lindirhawul' igquba labantw' abagwenxa, ndangathi ndirhangqwe ligqiza lezinja; bandidlavul' izandla neenyawo,

17ngoko ke amathambo am aphandle. Ke zona iintshaba zam zibukele.

18Babelana ngeengubo zam; benzelan' amaqashiso ngesambatho sam.

19Ke wena, Ndikhoyo, mus' ukuba kude nam; Mkhululi wam, khawuleza undincede!

20Ndihlangule ekreleni, undisindise kwezi zinja.

21Ndihlangule emlonyeni wengonyama; ndisindise kulo mngcipheko ndikuwo.

22Ndowabalisela amawethu ngezint' ozenzileyo, ndikubonge ebandleni, ndithi:

23“Mbongen' uNdikhoyo, nina bamhlonelayo; mdumiseni nonke, nina bonyana bakaYakobi; mhloneleni nonke, nina nzala kaSirayeli!

24Kaloku akazideli engazicekisi iintsizi zehlwempu; uyaziva izicelo zalo, angalifulatheli.”

25Ndiya kukubonga esidlangalaleni, ngenxa yezinto ondenzele zona; ndowafezekisa amadinga endawenzayo, phambi kwebandla lâbo bakuthobelayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

[26]Amahlwempu aya kutya ahluthe mpu; bombonga uNdikhoyo abo bamfunayo. Banga banganempumelelo engapheliyo.

[27]Zonke izizwe zomkhumbula uNdikhoyo, zibuyele kuye ehlabathini liphela, ziqubude kuye zonke iintlanga.

[28]Kaloku nguNdikhoyo ukumkani; nguye umlawuli weentlanga zonke.

[29]Ewe, zonk' izinhanha ziya kudlelana, zimvume yena; nditsho yonk' intw' engumntu iya kumnqul' uNdikhoyo.

[30]Izizukulwana ziya kumkhonza, ooyise babalisele abazukulwana ngoNdikhoyo.

[31]Ewe, nâbo bangekazalwa boxelelwa ukuba uNdikhoyo wabasindisa abantu bakhe.

Iindumiso 23

NguNdikhoyo umalusi wam

Umhobe kaDavide.

[1] InguNdikhoyo nje ondalusayo, ndingaswela ntoni na?

[2]Nguye ondikhaphelela kumadlelo aluhlaza, andikhokelele kwimilambo empompozayo,

[3]nditsho ndihlaziyeke emphefumlweni. Undithundezela kwezona ndlela zilungileyo, ukuze lidunyiswe igama lakhe.

[4]Ngoko ke, nokuba ndihamba kwiingxondorha ezimnyama, andinadyudyu. Kaloku ungakum, wena Ndikhoyo; isagweba sakho nebhunguza lakho lixhadi lam.

[5]Undamkela okondwendwe oluxabisekileyo, uqukeze ude undihlinzeke ngesidlo, iintshaba zam zibukele. Ngenene, iyaphuphuma indebe yam.

[6]Ngoko ke ndiya kulandelwa kokulungileyo nabububele, umzi wakho ube likhaya lam yonke imihla yobomi bam.

Iindumiso 24

© 1996 Bible Society of South Africa.

INgangalala yoKumkani

Umhobe kaDavide.

1 LelikaNdikhoyo ihlabathi liphela, nako konk' okukulo; ndixel' ilizwe elimiweyo kunye nabemi balo.

2 Walisekela phezu kweelwandle; walithi zinzi phezu kwayo imilambo.

3 Ngubani onganyukayo aye entabeni kaNdikhoyo; ingubani oya kuthi gcobho endlwini yakhe?

4 Ngulow' uzandla zimsulwa, untliziyo inyulu, lowo ungazinquliyo izintw' ezingento, low' ungafungiyo exoka.

5 Uya kumthamsanqela uNdikhoyo, kuye kube chosi, kube hele, kuba nguThixo umkhululi wakhe.

6 Sinjalo ke isizukulwana sabo bamfunayo, abo bafuna ukubona uThixo kaYakobi.

7 Vulekani, masango; vulekani, minyango yakudala, angene uKumkani iNgangalala!

8 Ngubani loo Ngangalala yoKumkani? NguNdikhoyo igorha elinamandla onke; nguNdikhoyo onamandla onk' edabini!

9 Vulekani, masango; vulekani, minyango yakudala, angene uKumkani iNgangalala!

10 Ngubani loo Ngangalala yoKumkani? NguNdikhoyo onamandla onke; nguye uKumkani, nguye iNgangalala.

Iindumiso 25

Ukuthandazela ukukhuselwa

Umhobe kaDavide.

1 Ndiwuphakamisela kuwe, Ndikhoyo, umphefumlo wam;

2 Thixo wam, ndithembele kuwe. Mandingakhe ndidane konke; mazingakhe zindivuyelele konk' iintshaba zam.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Ewe, mabangadani bonk' abathembele kuwe; mayibe ngâbo banxaxhayo amabadane.

4Ndibonise indlela yakho, Ndikhoyo; ndifundise iindlela zakho.

5Ndikhokelele enyanisweni yakho, undifundise. Kaloku nguwe, Thixo, umkhululi wam; ndihleli ndikulindele imini yonke.

6Khumbula, Ndikhoyo, inceba yakho, nothando lwakho obukade unalo kwakudala.

7Ungazikhumbuli izono zobutsha bam, nokungathobeli kwam umthetho wakho; kanye ndazelelele ngothando olungagungqiyo, ngenxa yobubele bakho, Ndikhoyo.

8UNdikhoyo unobubele, ulungile. Yiyo loo nto abafundisayo indlela yakhe aboni.

9Abathobekileyo ubakhokelela kokulungileyo, abafundise indlela yakhe abalulamileyo.

10Zonk' iindlela zikaNdikhoyo zezothando nenyaniso kwabo bathobela umnqophiso nemithetho yakhe.

11Ngenxa yegama lakho, Ndikhoyo, ndixolele ityala lam nakuba lilikhulu kangaka.

12UNdikhoyo uya kumbonisa indlela umntu omoyikayo.

13Uya kuhlala enenkqubela nabantwana bakhe ube lilifa labo umhlaba.

14Ungumhlobo kwabo bamhlonelayo uNdikhoyo, uyabaqondisa umnqophiso wakhe.

15Ndihleli ndilindele uncedo lukaNdikhoyo, kuba uyawusombulula umgib' ezinyaweni zam.

16Buyela kum, Ndikhoyo, undenzele inceba; kaloku ndilikheswa, ndixhwalekile.

17Ndikhulule kwintlungu endikuyo, undikhuphe ezimbandezelweni.

© 1996 Bible Society of South Africa.

18Qwalasela ubunzima nosizi endikulo, undixolele zonk' izono zam.

19Zigqale ubuninzi bazo iintshaba zam, nendlela ebuhlungu ezindiphethe ngayo ngolunya.

20Bukhusele ubomi bam, undihlangule; mandingadaniswa kaloku, kuba ndithembele ngawe.

21Mandihlale ndingasoleki ndililungisa, kuba kaloku ithemba lam likuwe.

22Bakhulule, Thixo, abantu bakho amaSirayeli kuzo zonke iimbandezelo zabo.

Iindumiso 26

Umthandazo welungisa

Umhobe kaDavide.

1Ndigwebele, Ndikhoyo; kaloku azisoleki iindlela zam, nethemba lam kuwe aligungqi.

2Ndivavanye, undicikide, Ndikhoyo; yigocagoce intliziyo yam ngokunjalo neengcinga zam.

3Ndisoloko ndikhokelwa zizibele zothando lwakho; ndihamba njalo nasenyanisweni yakho.

4Andinanto yakwenza namamenemene, ndaye ndingenabudlelwana nabakhohlisi.

5Ndiyithiyile imbutho yabantw' abagwenxa, ndaye ndingadlelani nabantw' abangcolileyo.

6Ndazihlamba kubo ezam izandla, ndenjenjeya ukuy' esibingelelweni sakho, Ndikhoyo,

7ndivuma ingoma yombongo, ndibalisa ngazo zonk' izenzo zakhw' ezingummangaliso.

8Ndiyakuthanda ukuhlala endlwini yakho, Ndikhoyo, apho sikhoyo isidima nesithozela sakho.

9Ungandikhukhulisi kunye naboni, ungandidibi nezigwinta,

© 1996 Bible Society of South Africa.

10abantw' abazandla zipheth' ukungcola, abasoloko begush' ukunyoba.

11Ke mna ndohlala ndingasoleki; ndihlangule undenzel' inceba.

12Iinyawo zam zithe zinzi emhlabeni; ndibonga uNdikhoyo ebandleni.

Iindumiso 27

Umthandazo wokubonga

Umhobe kaDavide.

1 InguNdikhoyo nje ondikhanyiselayo, inguye nje ondisindisayo, ndingoyika ntoni? InguNdikhoyo nje inqaba yam, ndingoyika bani?

2Xa bendidlavula abantw' abakhohlakeleyo, iintshaba zam nabandileqayo, kokhubeka kwabona, bawe.

3Nokuba ndingade ndingqongwe ngumkhosi, andiyi kuba naluvalo konke. Nokuba ndirhawulwe yimfazwe, ndiya kuthembela ngoNdikhoyo.

4Ndinqwenela into enye kuphela kuNdikhoyo, ndaye ndifuna yona kanye: le yokuba ze ndihlale kwaNdikhoyo yonke imihla yobomi bam, ndiqwalasele ubuhle bakhe, ndimfune endlwini yakhe.

5Kaloku wondikhusela enqabeni yakhe ngexesha lobubi, andifihle engontsini endlwini yakhe, ndithi ngcu phezulu eliweni.

6Ngoko ke ndiya kuzikrobela iintshaba ezindingqongileyo, ndinikele uNdikhoyo idini endlwini yakhe, ndinemivuyo ndicula, ndivumela uNdikhoyo.

7Ndive, Ndikhoyo, xa ndizibika kuwe; yiba nenceba kum, undiphulaphule.

8Kweli wena uthi: “Funani ubuso bam,” intliziyo yam yathi: “Ewe, ndiyafuna ukukubona, Ndikhoyo.”

9Mus' ukuzifihla kum, Ndikhoyo, ungasilahli ngomsindo isicaka sakho. Wena mncedi wam, mus' ukundilahla; uzungandishiyi, Thixo wam, Mkhululi wam.

10Xa ndilahlwe ngubawo noma, wondichola yena uNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Ndifundise indlela yakho, Ndikhoyo, undikhokele endleleni elungileyo,
kuba zininzi iintshaba zam.

12Uzungandiyekeli kwabandivukelayo, kuba andivukele amangqina obuxoki,
afutha ukundenzakalisa.

13Ngenene ndobuxhamla kambe ububele bukaNdikhoyo lo gama ndisadla
amazimba.

14Thembela kuNdikhoyo; yomelela, ube nesibindi! Ewe, thembela
kuNdikhoyo wena!

Iindumiso 28

Ukucela uncedo

Umhobe kaDavide.

1Ndizibika kuwe, Ndikhoyo, xhadi lam; musa ukuzenza isithulu, hleze
ndifane nabeyel' emhadini xa uthe cwaka.

2Live ilizwi lam xa ndizibika, xa izandla zam ndiziphakamisela kuwe
ebhotwe.

3Uzungandisingeli phantsi kunye nabantw' abagwenxa, abantw' abenza
okungcolileyo, abathetha kamnandi nabamelwane, kanti bagush' ububi.

4Babuyekeze ngokwemisebenzi yabo, ubohlwaye ngenxa yenkohlakalo yabo.
Bavuze ngokwezintw' abazenzayo, bafumane loo nto ibafaneleyo.

5Ngenxa yokuba bengayinanzi imisebenzi kaNdikhoyo, kwakunye nezintw'
azenzileyo, yena wobabhubhisa baphele kuthi tu, bangaze babuye bavuke.

6Makabongwe uNdikhoyo, kuba ukuvile ukutarhuzisa kwam.

7NguNdikhoyo amandla am nekhaka lam; ndithembele ngaye ngomxhelo
wam wonke. Ndoncedakala nditsho ndibe nemincili, ndimbonge ngengoma.

8NguNdikhoyo obomelezayo abantu bakhe; nguye omkhuselayo
nomsindisayo umthanjiswa wakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

9Basindise abantu bakho, Ndikhoyo; lithamsanqelise ilifa lakho. Baluse, ubathwale ngoku kude kube nini-nini.

Iindumiso 29

Ilizwi likaNdikhoyo linamandla

Umhobe kaDavide.

1Mbongen' uNdikhoyo, nina bemi baphezulu; mnikeni isihomo nesithozela namandla.

2Lenzelen' imbeko igama lakhe, ninqule ningcangcazela phambi kwakhe.

3Sivakal' emanzini elwandl' isandi selizwi lakhe; utsho kuzongome uThixo onesithozela. Kaloku nguNdikhoyo ogragramis' iilwandle.

4Lindongondong' ilizwi lakhe, ngugquma-barhwaqele ngenkqu.

5Liwis' imisedare ilizwi likaNdikhoyo; ndixel' imisedare yaseLibhanon.

6Lidlobis' iLibhanon ixel' inkonyane; litsho iSiriyon ixel' ithole lenyathi.

7Ndith' ilizwi likaNdikhoyo litshawuz' amadangatye;

8ndith' ilizwi likaNdikhoyo linyakamis' intlango, ewe, nditsho intlango yaseKadeshe.

9Litsho kungcangcazele amanxala; litsho kuvuthuluk' amahlathi. Batsho bathi bonk' abasendlwini yakhe: “Huntshuu!”

10NguNdikhoyo olawula oozikhukula; kaloku nguye ukumkani, koda kube nini-nini.

11Wanga angabaph' amandl' abantu bakhe; wanga angabathamsanqela abaph' inzolo.

Iindumiso 30

Umthandazo wokubulela

Umhobe kaDavide; iculo lokuvulwa kwendlu kaNdikhoyo.

1Ndokudumisa, Ndikhoyo, kuba undisindisile, akwavuma ukuba zindivuyelel' iintshaba zam.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Ndikhoyo, Thixo wam, ndibhenela kuwe; kuba wena undihlangule ekufeni.

3Wandikhupha kwelabafileyo wena, Ndikhoyo; wandikhetha kwabo behlela emhadini.

4Mbongen' uNdikhoyo, nina milowo yakwakhe, nilibonge igama lakhe elingcwele.

5Kaloku yeyomzuzwana ingqumbo yakhe; ukanti buhlala buhlel' ububele bakhe. Ewe, zibakho zon' iinzingo ebusuku, kodwa kusasa kuba yimincili yodwa.

6Xa izinto zazindilungele, ndandidla ngokuthi: “Andisoze ndoyisakale.”

7Ewe, ndandithe zinzi njengentaba ngenxa yobubele bakho, Ndikhoyo. Suka wena wasithela; ndaza mna ndakhathazeka.

8Kodwa ndithembele kuwe, Ndikhoyo; ndiyazithoba kuwe, Nkosi yam.

9Kukho nzuzoni na xa ndiye kwantshabalala? Lunganako na ukukudumisa uthuli? Khona lungabalisa na ngokunyaniseka kwakho?

10Ndive, Ndikhoyo, undenzele inceba; Ndikhoyo, yiba ngumncedi wam.

11Wabuguqula baluvuyo ubunzima bam; wandikhulul' ezokuzila, wandambathis' ezolonwabo.

12Mandikubonge ndingayeki, Thixo wam; ewe, ndikubonge kude kube ngunaphakade, Ndikhoyo!

Iindumiso 31

Umthandazo wokuthembela ngoThixo

Umhobe kaDavide; kumbhexeshi-kwayara.

1 Ndikhoyo, ndizifihla kuwe, mandingadani konke! Wena lungisa, uzundihlangule!

2Ndibekele iindlebe, ukhawulez' undihlangule. Yiba yinqaba endizimela kuyo, nomkhuseli wam ondisindisayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Ewe, nguwe inqaba yam nekhusi lam; ndikhokele, undithundeze, lidunyiswe igama lakho.

4Ndikhulule kwisabatha ebendigcayiselwe ngaso, kuba ungamandla am wena.

5Ndiwunikela ezandleni zakho umoya wam; kaloku undihlangule wena, Ndikhoyo, Thixo othembekileyo.

6Ndibathiyile abo banqula izintw' ezingento; mna ndikholosa ngawe, Ndikhoyo.

7Ndovuya, ndigcobe ngenxa yezibele zothando lwakho, kuba uyibonile inkxwaleko yam, wakugqala nokungcungcutheka kwam.

8Akundiyekelanga kwingcinezelo yeentshaba; koko usuke wandinika inkululeko.

9Ndenzele inceba, Ndikhoyo, ndibandezelekile. Atsho adumba kukulila amehlo am, nam ndiphelile kukudinwa.

10Ziyandaluphaza iinkxwaleko zam, nemihla yam iphelela ekungcungcuthekeni. Ndiphelelwe ngamandla ngenxa yeentlupheko, namathambo am selegugile.

11Ndiyintlekisa kwiintshaba zam, isigculelo kubamelwane bam. Abandaziyo bayandoyika, bandibaleke, xa badibana nam esitalatweni.

12Sele ndalityalwa mpela; ndinjengomfi ongasakhunjulwayo; sendalahlwa kwesinomhlwa.

13Ewe, ndiyivile intlebendwane yabanye; kuthe saa luloyiko macal' onke, lo gama bandenzela amayelenqe, beceba ukundibulala.

14Kodwa ithemba lam likuwe, Ndikhoyo; ewe, unguThixo wam wena.

15Imihla yam isesandleni sakho; ndihlangule ezintshabeni zam nakwabanditshutshisayo.

16Ndisisicaka sakho, Ndikhoyo, ndikhangele ngobubele; ndihlangule ezintshabeni zam ngenxa yezibele zakho.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Mandingadani konke, Ndikhoyo, xa ndizibika kuwe; mabadane abantw'
abagwenxa, banyoshoze baye kufa.

18Watsho athi cwaka amaxoki, wona anyelisa amalungisa ngeentetho zolunya
nendelelo.

19Hayi ubuhle bezinto ozigcinele abo bakuhlonelayo, Ndikhoyo; zintle kambe
izinto ozenzela abo bakholose ngawe!

20Uyabakhusela ngobukho bakho kumayelenqe abantu, ubagushe phantsi
kwephiko lakho, bangagxijwa ziintshaba.

21Makabongwe uNdikhoyo, kuba undenzele ububele obungummangaliso, xa
ndandixiniwe, ndihlaselwa.

22Ukothuka kwam ndathi ndilahlelwe kude nawe, kodwa wandiva
ndakuzibika kuwe.

23Mthandeni uNdikhoyo, nonke nina milowo yakwakhe, kuba
uyabalondoloza abathembekileyo, abohlwaye abanekratshi.

24Qinani nibe nesibindi, nonke nina nithembele ngoNdikhoyo.

Iindumiso 32

Ukuzohlwaya nokuxolelwa

Umbongo kaDavide.

1Hay' uyolo lwabo baluxolelweyo ukreqo lwabo nguThixo, abo bazono zabo
zingcwatyiweyo.

2Ewe, unoyolo lowo athe uNdikhoyo akabubalela kuye ubugwenxa bakhe,
umnt' ongenayo konke inkohliso.

3Ndithi ndakungasivumi isono sam, amandla atsho andiphelele, ngenxa
yesingqala endiba naso imini yonke.

4Isandla sakho sindicinezele ubusuku nemini, ndaphelelwa ngamandla, ngathi
ndigqatswe lilanga lehlobo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Ndithe ke ndakusivuma kuwe isono sam, ndabuxela ubugwenxa bam,
ndisithi: “Ndisixela kuwe, Ndikhoyo, isono sam;” wandixolela wena ityala
lam.

6Yiyo ke loo nto bazibikayo xa kunzima abo banyanisekileyo, kuba ukufika
komsinga abayi kugutyungelwa.

7Wena uyinqaba endizifihla kuyo; uyandikhusela xa ndisebunzimeni.
Undirhangqe ngosindiso lwakho; ngoko ke ndimemelela ndinemincili.

8Ndokwazisa indlela omawuhambe ngayo, utsho uNdikhoyo, ndikufundise,
ndikujonge.

9Mus' ukuba sisititsi, uxel' ihashe nembongolo, izintw' ezilawulwa ngomkhala
ukuze zingadlokovi.

10Bajongene neentsizi ezininzi abantw' abagwenxa, kodwa yena othembele
kuNdikhoyo uphahlwe zizibele zakhe.

11Vuyani, nina malungisa, nichwayite ngenxa kaNdikhoyo; nina
bamthobelayo uNdikhoyo, chulumachani!

Iindumiso 33

Ingoma yokubonga

1Mdumiseni uNdikhoyo, nina malungisa! Ewe, afanele ukumdumisa
uNdikhoyo amalungisa.

2Mbetheleni uhadi uNdikhoyo, nimenzele ingoma ngeehapu ezingcingo
zilishumi.

3Mombeleleni ingoma entsha uNdikhoyo; mdlaleleni ngobuchule nimemelela.

4Kaloku ilizwi likaNdikhoyo linyanisekile, nemisebenzi yakhe yonke
inyanisekile.

5UNdikhoyo uyakuthanda ukunyaniseka nokulunga; lizele ihlabathi zizibele
zakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

6Wathetha nje ngelizwi, akho amazulu, wadala ilanga, inyanga, noozinkwenkwezi.

7Wawaqokelela amanzi olwandle ngathi uwatha eselweni, wazivalela iinzulu zolwandle ngathi kukoovimba.

8Malimbong' uNdikhoyo lonke ihlabathi, bamhlonele bonke abemi balo.

9Wathetha kaloku, laza ladalwa; wawisa umyalelo, kwatsho kwavel' indalo.

10Uyawaphuthisa uNdikhoyo amayelenqe ezizwe, awaphanzise amacebo eentlanga.

11Kodwa awakhe amacebo ohlala ehleli; zohlala zikho iingcinga zakhe kude kube nini-nini.

12Sinoyolo isizwe esiThixo unguNdikhoyo, eso asinyule sangabantu bakhe.

13Wondela phantsi uNdikhoyo esezulwini, ababone bonke oonyana babantu.

14Ubaqwalasele bonke abemi behlabathi, engqendeve kwibhotwe lakhe.

15Zidalwe nguye iintliziyo zabo; uyazazi zonke izinto abazenzayo.

16Asimkhosi mkhulu ohlangula ikumkani; asimandla agorha alisindisayo.

17Akuthenjelwa ngahashe edabini, kungemandla alo amsindisayo umntu.

18UNdikhoyo uyabanakekela abo bamhlonelayo nabo bathembe izibele zenceba yakhe,

19aze abahlangule ekufeni, abondle ngelixa lendlala.

20Thina sithembele kuNdikhoyo, kuba nguye umncedi nomkhuseli wethu.

21Ewe, siya kuchulumacha ngenxa kaNdikhoyo, kuba sithembele kwigama lakhe elidumileyo.

22Ndikhoyo, senzele ububele nenceba, njengoko kaloku sithembele kuwe.

Iindumiso 34

Umthandazo wokubulela izibele zikaNdikhoyo

Umhobe kaDavide xa wayezenza igeza phambi kuka-Abhimeleki owathi wamgxotha wemka.

© 1996 Bible Society of South Africa.

1Ndohlala ndimbonga uNdikhoyo; andisayi kuyeka ukumdumisa.

2Ndoqhayisa ngezinto andenzele zona uNdikhoyo, batsho bavuye abo babandezelekileyo.

3Mbongeni uNdikhoyo, kunye nam; masilidumise kunye igama lakhe.

4Ndazibika kuNdikhoyo waza wandiva, wandikhulula kuko konke ukoyika kwam.

5Abacinezelweyo bathembela kuNdikhoyo, bagcobe; ewe, abasayi kuze badakumbe bona.

6Lwazibika udwayi, waluva uNdikhoyo, walukhupha kuzo zonke iinkxwaleko zalo.

7Bonke abahlonela uNdikhoyo isithunywa sakhe siyabakhusela, sibahlangule.

8Khanibuxhamle ububele bukaNdikhoyo; ngenene unoyolo umntu othembela ngoNdikhoyo!

9Mhloneleni uNdikhoyo, nina milowo yakwakhe, kuba abayi kuswela nto abo bamhlonelayo.

10Neengonyama ziyaswela zilambe, kodwa abo bamfunayo uNdikhoyo akukho nto intle bayiswelayo.

11Yizani, lusatshana; ndiphulaphuleni; ndonifundisa ukuhlonela uNdikhoyo.

12Lowo unga angadla ubomi, abe nenkqubela, lowo unga angafumana imihla emnandi,

13makazilumle ekuthetheni kakubi, ayeke ukuthetha ubuxoki;

14makahlukane nobubi, enze okulungileyo; makaphuthume uxolo, ahlale kulo.

15Kaloku uNdikhoyo uwalusile amalungisa, uyayiva imithandazo yawo;

16kodwa ubafulathele abenzi bobubi, abaphanzise bangabi sakhunjulwa emhlabeni.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Uyaweva amalungisa akuzibika kuye, awakhulule kuzo zonke iinzima zawo.

18UNdikhoyo ukufuphi nâbo badakumbileyo, ebaphakamisa abo baphelelwe lithemba.

19Zininzi iingxaki ezivelela ilungisa, kodwa uyalikhulula kuzo zonke uNdikhoyo;

20uwagcina onke amathambo alo, kungaphuki nalinye kuwo.

21Abantw' abagwenxa bobulawa ngobubi babo, bagwetywe abo balithiyayo ilungisa.

22UNdikhoyo wozihlangula izicaka zakhe; bonke abakholose ngaye abayi kugwetywa.

Iindumiso 35

Umthandazo wokucela uncedo

Umhobe kaDavide.

1 Ndikhoyo, ndilamlele kwabo bandivuyelelayo, undilwele kwabo balwa nam.

2Qubula ikhaka lakho nesikrweqe sakho, undincede undilamlele.

3Wurhole umkhonto nentshuntshe yakho, ubavalele indlela abo bandileqayo, uthi kum: “Ndim umhlanguli wakho.”

4Mabahlazeke, badane abandizungulayo; mabajike bedidekile abo bandenzela amayelenqe.

5Mababe njengenkunkuma ephetshethwa ngumoya, sibaqweqwedise isithunywa sikaNdikhoyo.

6Mayingacaci indlela yabo, mayibe mtyibilizi; masibasukele isithunywa sikaNdikhoyo.

7Kaloku bebendigcayisele ndingenzanga nto, befun' ukunditshonisa emhadini kungekho sizathu.

8Mabatshabalale ngequbuliso bengekaqondi, barhintyelwe nguloo mgibe bebendigcayisele ngawo, beyele kuwo, batshabalale.

© 1996 Bible Society of South Africa.

9Ndovuya ke, ndichulumache, kuba uNdikhoyo undihlangule.

10Ndothi ngomxhelo wonke: “Akakho onjengawe, Ndikhoyo.” Wena uhlangula iindwayi kwabanamandla kunazo, ukhusele indwayinge kubacinezeli.

11Kuvele amangqina athetha ulwimi ngam, andinkqangisa ngezinto endingazaziyo;

12andibuyekeza ubuhle ngobubi, ndatsho ndaphelelwa lithemba.

13Kodwa mna, okuya babegula, ndambatha ezirhwexayo, ndazicinezela nangokuzila ukutya, ndithandaza ngentobeko.

14Ndangathi ndithandazela umhlobo wam nomntakwethu; ndathokombisa intloko ngokungathi ndizilela umama.

15Ndithe ke ndakuba sengxakini, baqokelelana bandihleba, ndanyeliswa nazizinto endingazaziyo.

16Bandenza intlekisa, bandingcungcuthekisa, bendijamela ngentiyokazi enkulu.

17Koda kube nini na kodwa ubukele, Ndikhoyo? Nceda ndihlangule kwabandiqwengayo; busindise ubomi bam kwezi ngonyama.

18Ndokubonga phakathi kwebandla, ndikuncome esidlangalaleni.

19Mazingandivuyeleli ngobuxoki iintshaba zam, bangandisinekeli abo bandithiya ndingenatyala.

20Bona abathethi ngemibandela yoxolo, koko bayila ubuxoki ngabathand' uxolo.

21Bandivuyelela besithi: “Heke! Sikubhaqile!”

22Ndikhoyo, nguwe ingqina lam, mus' ukuthi tu! Nkosi yam, mus' ukuchasela!

23Lamla, Nkosi, ndiphendulele; Thixo wam, ndithethelele!

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

24Ndikhoyo, Thixo olilungisa, ndigwebele; mazingandinyevuleli iintshaba zam.

25Mazingandigcolotheli zithi: “Nantso ke! Simgqibile ngoku!”

26Mabadane badideke abavuyiswa yinkxwaleko yam; mabadane baphoxeke abazikhukhumalisayo.

27Makube yimincili kwabo bafuna ndigwetyelwe; mabamemelele bathi: “Makabongwe uNdikhoyo, yena ofuna impumelelo yesicaka sakhe.”

28Ke mna ndovakalisa ukulunga kwakho, ndikubonge imini yonke.

Iindumiso 36

Inkohlakalo yomntu nokulunga kukaThixo

Umhobe kaDavide isicaka sikaNdikhoyo; kumbhexeshi-kwayara.

1Isono esendele entliziyweni siyamngxolela umnt' ogwenxa, asuke angamoyiki uThixo.

2Simthi lwale ngokuzikhohlisa angaliboni isikizi lobubi baso.

3Intetho yakhe ayilunganga; izele yinkohliso. Selephelelwe nakukwazi ukwenza okulungileyo.

4Xa esemandlalweni ucinga amacebo aphuthileyo, azimisele ukuhamba ngendlela egwenxa, angayityesheli inkohlakalo.

5Kodwa zona izibele zakho, Ndikhoyo, ziye kuthi gaa ngamazulu, nentembeko yakho yaya kuthi ngqu ngamafu.

6Ukulunga kwakho akugungqi, kunjengentaba; zinzulu njengolwandle zona izigqibo zakho. Uyabanakekela abantu nezilo, wena Ndikhoyo.

7Hayi izibele zakho, Thixo, ebantwini! Oonyana babantu bazimela phantsi kwephiko lakho.

8Baxhamla intlutha yendlu yakho; ubaseze kumlambo wokulunga kwakho.

9Wena ulithende lobomi; ngokhanyiso lwakho sibona ukukhanya.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Mazinganqamki izibele zakho kubo bonke abo bakwaziyo, uwabonelele amalungisa.

11Mandinganyhashwa ngeenyawo ngabanolunya, ndingantlithwa zizandla zabagwenxa.

12Bawile daxa abantw' abagwenxa; bakhahlelwe phantsi, abavuka.

Iindumiso 37

Isiphelo samatshijolo nesamalungisa

Umhobe kaDavide.

1Mus' ukuziduba ngamatshijolo wena, ungabamoneli abenzi bobubi.

2Kwakamsinya baya kubuna njengengca, bavuthuluke njengamagqabi.

3Thembela kuNdikhoyo wena, wenze okulungileyo; uya kuba sisima-mhlaba, ube nekamva.

4Zonwabise ngokululamela uNdikhoyo; wokunika umnqweno wentliziyo yakho.

5Zilahlele kuNdikhoyo, ukholose ngaye; yena ke wokwenzelelela.

6Wobutyhila bukhanye njengelanga ubulungisa bakho, kucace mhlophe ukulunga kwakho.

7Zola phambi koNdikhoyo, ulindele kuye, ungazidubi ngabantu abaphumelela ngamaqhinga.

8Zilumle emsindweni, uyilahle ingqumbo, ungazidub' umphefumlo, hleze unxunguphale.

9Kaloku othi shwaka amatshijolo, kodwa boba zizima-mhlaba abathembele kuNdikhoyo.

10Ngumzuzwana nje athi shwak' amatshijolo; uthi uwakhangela ungawaboni.

11Kodwa bona abathobekileyo bowuma umhlaba, baxhamle intlutha noxolo.

12Amatshijolo awenzela amayelenqe amalungisa, awajamele ngentiyokazi enkulu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

13Kodwa uNdikhoyo usuka acubhuke yintsini, kuba uyazi yena ukuba imihla yamatshijolo selisongekile.

14Arhola amakrele, ajolise iintolo zawo amatshijolo, efun' ukuwisa iintsizana namahlwempu, abulale amalungisa.

15Otyakatywa kwangelawo ikrele, zaphulwe nezo ntolo zawo.

16Obo buncinanana linabo ilungisa, bungcono kunentaphane ezinayo izikrelemnqa,

17kuba uya kuzaphul' iimpondo uNdikhoyo izikrelemnqa, awenzelelele wona amalungisa.

18UNdikhoyo uyawabonelela amalungisa, awenze awume umhlaba ngalo lonk' ixesha.

19Akayi kuntshubaza ngamaxesh' endlala; ohlutha naxa ikati selilel' eziko.

20Ke zona iintshaba zikaNdikhoyo zotshabalala, zibhange zixel' ingca etshayo edlelweni.

21Izikrelemnqa ziboleka zingabuyisi, ke lona ilungisa lipha ngesisa.

22Boba zizima-mhlaba abo abathamsanqelayo uNdikhoyo, bagxothwe abo abaqalekisayo.

23NguNdikhoyo okhokelela umntu kwindlela amakahambe ngayo; nguye omenza akholeke kuye.

24Nokuba uwile, uyavuka, kuba nguNdikhoyo omthundezayo.

25Ndiyaluphala ngoku, ukanti andizange ndilibone ilungisa lintshubaza, nabantwana balo belamba.

26Lisoloko libolekisa, lisipha ngesisa, nenzala yalo iyathamsanqelwa.

27Yahlukana nobubi, wenze okulungileyo; uya kwalulelwa imihla yakho ebomini.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

28Kaloku uNdikhoyo uyakuthanda okulungileyo; akayi kubafulathela abantu bakhe. Wasoloko ebakhusela uNdikhoyo, kodwa yona inzala yamatshijolo iyanqunyulwa.

29Amalungisa aya kuba zizima-mhlaba, ahlale ngoxolo kude kube nini.

30Ilungisa lithetha amazwi obulumko; into eliyithethayo isoloko ilungile.

31Lisoloko liwubambile umthetho kaThixo; alisoze licebuke kuwo nanini na.

32Itshijolo lisoloko lizungula ukubulala amalungisa,

33kodwa uNdikhoyo akayi kuliyekela kumatshijolo ilungisa, engayi kuliyekela lohlwaywe enkundleni yamatyala.

34Thembela kuNdikhoyo, uthobele imithetho yakhe; wokunika umhlaba uwume, uwabone amatshijolo etshabalala.

35Ndalibona lilawula ngegqudu itshijolo, lilugxibha ngathi ngumkhoba wamahlathi.

36Ndaphinda ndadlula apho, ndabona lingasekho; ndalikhangela, andalifumana konke.

37Kugqale ukulunga nobumsulwa, kuba kumzisela uxolo umntu ekugqibeleni;

38kodwa bona aboni baya kutshatyalaliswa, nenzala yabo iphanziswe kuphele.

39NguNdikhoyo umhlanguli wamalungisa; ulikhaka lawo ngexesha lobunzima.

40Nguye owancedayo, awahlangule, awasindise kumatshijolo, kuba akholose ngaye amalungisa.

Iindumiso 38

Umthandazo womntu osebunzimeni

Umhobe kaDavide; ngomnikelo wesikhumbuzo.

1 Ndikhoyo, ungandingxolisi ngomsindo, ungandohlwayi ngengqumbo.

2Zindityakatyile iintolo zakho, nesandla sakho sindicinezele kabuhlungu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Nditsho ndayingxwelerha ngenxa yomsindo wakho; ndiyafa ziintlungu ngenxa yezono zam.

4Ndintyumpa-ntyumpeka ezonweni; zindisinda oku komthwal' onzima.

5Zitsho zabhidla izilonda zam, kuthi phuu ngenxa yobudenge bam.

6Ndibandezelekile, ndiphelile, kangangokude ndizile imini yonke.

7Ndiyapena-pena ziintlungu; andinampilo konke.

8Ndoyisakele kwaphela; ndiyagcuma ziintlungu nalixhala.

9Nkosi yam, uyawazi umnqweno wam, uyaziva zonke iincwina zam.

10Ndinovalo, ndiphelelwe ngamandla, namehlo am selebona kaluzizi.

11Ke zona izihlobo nabamelwana abasondeli kum, nkqu nentsapho yam le icezela phaya.

12Bayandithiyela abafuna ukundibulala; bayandoyikisa abazungula ukundenzakalisa; bayandibhunga imini yonke.

13Kodwa mna ndaba njengesithulu, andeva; ndanjengesimumu, andawuvula tu umlomo.

14Ewe, ndinjengomntu ongaphenduliyo, kuba engeva.

15Ndikhoyo, ndithembele ngawe; nguwe, Nkosi, Thixo wam, oya kundiphendulela.

16Ndithandazela nje ukuba ungabayeki bandivuyelele abo bahlekayo xa ndiwayo.

17Ndingawa nanini na; kaloku iintlungu zindiphethe.

18Sendizivuma izono zam; ndiyazithiya izigqitho zam.

19Banamandla abo baziintshaba zam, nâbo bandithiya kungekho sizathu.

20Ubuhle bandibuyisela ngobubi, naxa mna ndizama ukwenza okulungileyo.

21Zungandifulatheli, Ndikhoyo; Thixo wam, mus' ukuchasela kum.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22Khawuleza undincede, Nkosi, Msindisi wam!

Iindumiso 39

Isililo somntu onomva-ndedwa

Umhobe kaDavide; kuJedutun umbhexeshi-kwayara.

1Ndathi: “Ndiya kuzilumkela iindlela zam, ndingoni ngokuthetha, ndilubambe ulwimi lwam xa ndiphakathi kwamatshijolo.”

2Ndathi cwaka, andathetha nto. Ukuthula kwam akuncedanga nto, kodwa noko yona inkxwaleko yathath' unyawo.

3Ndavalwa luvalo ndisacamanga, ndavukwa ngumva-ndedwa, ndavakala ndibuza ndisithi:

4“ Ndikhoyo, ndazise isiphelo sobomi bam nenani lemihla yokuphila kwam. Ewe, ndazise ubufutshane bobomi bam.

5Kaloku imihla yam uyicuthe kakhulu; àyinto konke kuwe imihla yobomi bam; umntu ufana nomphunga nje kuwe.

6Uhla enyuke njengesithunzi silandelelana nomntu; ubila esoma nje ngenxa yelize; uqweba indyebo engazi nokuba yoba yekabani na.

7“Xa kunjalo ke, Nkosi, mna ndikholose ngantoni? Elam ithemba likuwe.

8Ndikhulule kuzo zonke izono zam, ndingade ndihlekwe nazizidenge.

9Ndiya kuthi cwaka, ndingathethi, kuba nguwe ondifake kule meko.

10Mus' ukuba sandohlwaya; mus' ukundinkula ndide ndenzakale.

11Ngokumohlwaya umntu, umbonisa isono. Uyidlavula njengenundu loo nto ayithandayo. Ewe, kambe, umntu ufana nomphunga nje kuwe.

12“Ndikhoyo, wubazel' iindlebe umthandazo wam; ndive, ndakuzibika kuwe. Ungàthi cwaka xa ndikhala kuwe, kuba ndiselugcinweni lwakho, nam ndisisibhadu-bhadu njengookhokho.

13Khawundenzele umnyinyivana, khe ndiphefumle, ngoku ndingekemki kweli hlabathi.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

Iindumiso 40

Ingoma yombongo

Umhobe kaDavide.

1Ndakhala ndijonge kuNdikhoyo, wada wandiva ndakuzibika kuye.

2Wandikhupha emhadini onengozi, nasemgxobhozweni, wandibeka endaweni eyomileyo, ndatsho ndee ngxishishi, ndema.

3Wandifundisa ingoma yombongo entsha, ingoma yokubonga uThixo wethu. Boyika abaninzi bakuyiqonda loo nto, balibeka kuNdikhoyo ithemba labo.

4Hay' uyolo lomntu othembele ngoNdikhoyo, ongadlelaniyo nabanekratshi, abo banqula izithixo.

5Mikhulu, Ndikhoyo, Thixo wam, imimangaliso osenzele yona. Kukwangako nokusazelelela kwakho; akakho onjengawe, Nkosi! Ngeba ndiyabalisa, koko ndiswel' imilomo eliwaka.

6Wena akuwananze nganto amadini neminikelo, akuwathandanga amadini atshiswayo nawesono, kambe ke undinike indlebe evayo.

7Kungoko ke ndathi mna: “Njengoko kubhaliwe ngam encwadini, ewe, ndim lo.

8Iyandivuyisa intando yakho, Thixo wam; umthetho wakho ndiwumilisele entliziyweni.”

9Ndizixelile ebandleni iindaba zakho zosindiso; Ndikhoyo, uyazi ukuba andikuyeka ukuzibalisa.

10Andilufihlanga udaba losindiso lwakho; bendisoloko ndibalisa ngokunyaniseka noncedo lwakho; andilifihlelanga ibandla lakho izibele zakho nenyaniso yakho.

11Uzungandibandezeli inceba yakho, Ndikhoyo; ndilondoloze ngenceba nenyaniso.

Ukucela uncedo

(Ndum 70)

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

12Zindivelela macal' onke iingxaki. Ndixakene nezono zam, azindiphi mtyhi konke. Nditsho ndatyhafa, kuba zininzi ngangeenwele zentloko yam.

13Khawuncede undihlangule, Ndikhoyo! Phuthuma, Ndikhoyo, undincede!

14Mabadane badideke abandizondayo; mabarhoxe baphoxeke abazungula ukundenzakalisa.

15Mabajike benyoshoza abo bathi tshotsho vityo.

16Abakulangazelelayo mabavuye bagcobe ngawe; abaluthandayo usindiso lwakho mabangaphezi ukuthi: “Huntshu – uyingangalala uNdikhoyo!”

17Ke mna ndilihlwepu, ndiludwayi; awu, Nkosi, khawundivelele! Umncedi nomhlanguli wam nguwe; sukuba saphozisa maseko, Thixo wam!

Iindumiso 41

Umthandazo wesigulana

Umhobe kaDavide; kumbhexeshi-kwayara.

1Hayi uyolo lomntu obonelela amahlwempu; womhlangula uNdikhoyo xa yena esengxakini.

2Womkhusela amlondoloze ebomini. Womthamsanqela emhlabeni, angamyekeli kwiintshaba zakhe.

3UNdikhoyo womonga xa angaphilanga, ambuyisele empilweni.

4Ke mna ndathi: “Ndikhoyo, ndenzele inceba! Ndikonile; nceda ndiphilise!”

5Zahlekisa ngam iintshaba zisithi: “Uya kufa nini kakade, angabi sakhunjulwa bani?”

6Nabo baze kundivelela abakho ntweni, bezela nje ukuza kuva ulwimi, bahambe besasaza intlebendwane.

7Zihamba zindihleba iintshaba zam, zindinqwenelela okubi.

8Zihamba zisithi: “Ukufa mumosele! Akanakuba savuka kumandlalo wakhe!”

9Ewe, nesihlobo sam esisenyongweni ebendisithembile, nditsho kanye eso sabelana ngeqhekeza lesonka, naso sindivukele.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Ndikhoyo, ndenzele inceba, ndiphakame, ndize ndiziphindezele kwiintshaba zam.

11Phofu ke ndiyazi ukuba undikhathalele, kuba azinakundivuyelela iintshaba zam.

12Uyandinceda kuba ndimsulwa; undibeka phambi kwakho ngalo lonke ixesha.

13Makabongwe uNdikhoyo, uThixo kaSirayeli, ngoku kude kube nini-nini! Amen, ewe, makube njalo!

Iindumiso 42

ICANDELO LESIBINI
(IiNdumiso 42–72)
Umthandazo womntu onesithukuthezi
Kumbhexeshi-kwayara; umbongo woonyana bakwaKora.

1Njengenxala elikhothekileyo kukunxanwa nam ndikwanjalo ukukulangazelela wena, Thixo.

2Ewe, intliziyo yam iyakulangazelela, Thixo, nditsho wena Thixo ophilayo. Yaz'ba koda kube nini na ukuze ndide ndibe nonxibelelwano nawe, Thixo?

3Imini nobusuku ndiyinyhididi kukugixa. Ke zona izibhoxi zasoloko zindiphoxa zisithi: “Ude abe phi na lo Thixo wakho?”

4Kambe ke ndithi ndakukhumbula mandulo ijijitheke intliziyo yam. Kaloku fudula ndiwukhokela loo mngcelele uya endlwini kaThixo. Ewe, sasingumkhosi wochulumacho sonwabile, simemelela sidumisa.

5Hee! Ngani ukuba ndidakumbe kangaka? Ngani ukuba ndikhathazeke kangaka? Hayi bo! Mandikholose ngoThixo, khon' ukuze ndibuyele ekumdumiseni uMsindisi noThixo wam.

6Ke kaloku ndinomva-ndedwa, ngoku ke ndikhumbula wena, kobu bugxwayiba ndikubo, kwezi ntili zeJordan, ngakwiintaba zeHermon, neenduli zaseMiza.

© 1996 Bible Society of South Africa.

7Iziziba ezinzongo-nzongo ziyamemezana ngokukrotsha kweengxangxasi zakho. Amaza eze ngendlu yawo, ngokunjalo kwaneempuphuma. Ewe, ziwugubungele umphefumlo wam.

8Kambe ke, ngeny' imini, Ndikhoyo, luya kubalasela uthando lwakho. Ndiya kuphikelela ndikudumise ebusuku, ndithandaze kuThixo endixhomekeke kuye.

9Ndiyakhala kuwe, mqolomba wam, Thixo: “Ngani ukuba undilibale? Ngani ukuba ndihlale ndizibambe ngeenkophe ngenxa yokubandezelwa ziintshaba?”

10Ewe, sendixushekile zizenyeliso zabo. Kaloku basoloko bendigcolodela besithi: “Ude abe phi na lo Thixo wakho?”

11Hee! Ngani ukuba ndidakumbe kangaka? Ngani ukuba ndikhathazeke kangaka? Hayi bo! Mandikholose ngoThixo, khon' ukuze ndibuyele ekumdumiseni uMsindisi noThixo wam.

Iindumiso 43

1Ngamana wandigwebela, Thixo. Ewe, mandiphume phambili ekumangalelweni ngabantu abakuchasileyo. Ndihlangule kubantu abanamaqhinga nobuqhokolo.

2Kaloku ùnguThixo endizimela ngaye. Ngani ke ukuba undilahle? Ngani ukuba ndihlale ndizibambe ngeenkophe ngenxa yokubandezelwa ziintshaba?

3Mandikhanyiselwe nguwe, ndikhokelwe yinyaniso yakho. Mazindise entabeni yakho engcwele, endlwini elikhaya lakho.

4Ke mna mandingene esibingelelweni sakho, wena Thixo ongumonwabisi wam. Ndiya kubeth' intambula ndintyiloze ndidumise wena, Thixo – Thixo wam!

5Hee! Ngani ukuba ndidakumbe kangaka? Ngani ukuba ndikhathazeke kangaka? Hayi bo! Mandikholose ngoThixo, khon' ukuze ndibuyele ekumdumiseni uMsindisi noThixo wam.

Iindumiso 44

© 1996 Bible Society of South Africa.

Ukulangazelela ukuhlangulwa

Kumbhexeshi-kwayara; umbongo woonyana bakwaKora.

1Ewe kambe, sizivele ngezethu iindlebe, Thixo. Kaloku amanyange asibalisela
ngezigigaba zakho zemihla yawo yamfamlibe.

2Wena wazigxotha iintlanga, waza bona abantu bakho wabamilisela elizweni
lazo. Wazitshutshisa iintlanga waza bona abakho wabathi jize ngenkqubela.

3Hayi, eli lizwe abalizuzanga ngenxa yezikhali, bengaphumelelanga ngenxa
yezigalo zabo; koko kwakungenxa yegunya nezigalo zakho nefuthe lobukho
bakho, njengoko babethandeka kuwe.

4Wena unguKumkani noThixo wam. Lumiselwa nguwe uloyiso
lwakwaYakobi.

5Ngoncedo lwakho siyazingqula iintshaba zethu; ngegama lakho siyabaxovula
abasihlaselayo.

6Andixhomekekanga kolwam utolo, ndingaqamelanga ngalo nekrele.

7Hayi, nguwe owasihlangulayo ezintshabeni zethu; ikwanguwe owabaduba-
dubayo abasithiyileyo.

8Thina siqhayisa ngoThixo njalo-njalo, saye siya kumdumisa nanini-nanini.

9Kambe ke usilahle satsho sahlazeka, njengoko ungasaphumi nemikhosi
yethu.

10Wena usiyekele zasiswantsulisa iintshaba, zaza zathimba amaxhoba
ngokuthanda kwazo.

11Wena usiyekele saxhelwa njengeegusha; usithathe wasisarhaza phakathi
kweentlanga.

12Abantu bakho wabathengisa ngelize, wena akwafumana nzuzo ngabo.

13Usenze intsini kubamelwane, satsho sasisigculelo nesenyeliso kwezo zizwe
zisingqongileyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

14Ngoku singundaba-mlonyeni phakathi kwezizwe; sesingabasizelwayo kulo
lonke elimiweyo.

15Ndisoloko ndithiwe mbende lihlazo. Ke zona iintloni zindongamele

16ngenxa yempoxo nezenyeliso ezigityiselwa kum ziintshaba ezindivukeleyo.

17Zonke ezi zinto zasihlela, nangona singazange sakulibala thina, okanye
siwutshinizele umnqophiso wakho.

18Asizange sikufulathele thina, singazange sanxaxha endleleni yakho.

19Kodwa elethu linyhashwe laba linxuwa, silahlwe esithokothokweni
sobumnyama.

20Ukuba besikutyeshele, wena Thixo, okanye sanqula thixo bambi,

21andithi, wena Thixo, ubuya kuyibhaqa na naleyo? Kaloku wena uyabazi
ubunzulu beentliziyo.

22Kambe ke kungenxa yakho sisesichengeni sokubulawa nje; yiyo loo nto
sesifana neegusha zokuxhelwa nje.

23Hayi bo! Vuka, Nkosi yam! Ngani ukuba uthurh' obentlombe? Vuka;
sukusinyengez' uhle nomcinga!

24Ngan' ukuba usilibale kangaka? Ngan' ukuba usifulathele ngolu hlobo, sibe
sisisulu sembandezelo nengcinezelo?

25Ewe, asisazelwe nto konke; sesingoogqush' eluthulini.

26Ngenxa yothando lwakho olungatshitshiyo khawuvuke usihlangule kaloku!

Iindumiso 45

Iindonga ziwelen' ebhotwe

Kumbhexeshi-kwayara; ingoma yomtshato; eyoonyana bakwaKora. Iculwa ngathi yileya ithi: "Iinyibiba."

1Intliziyo yam suke yaphuphuma; kuthi mandibonge ndityibele. Ulwimi lwam
lona luqule lwaligangatha, ndanga ndingumbhali ongenadyudyu. Kaloku
ndingqungel' ukubhekisa kuMntwan' omhle.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[2]Kubo bonke wen' uyinzwan' engenasiphako; uliciko elicikoza kuvokotheke. Kaloku uThixo ukuthamsanqele ngezingaphele ndawo iintsikelelo.

[3]Yithi hlas' ikrel' uqule, Somagorha! Qula ngesidima nobungangamsha!

[4]Nyantsul' uye kuqhawuk' unobathana! Qula uyilwele inyaniso nobulungisa! Ngobungangamsha bakho dubula ugeqa!

[5]Iintolo zakho zibukhali; ziyazihlabanisela iintshaba zakho, izizwe zitsho zibe phantsi kwakho.

[6]Kambe ulawulo lwakho, Thixo, aluphele ndawo; owakho umsimbithi ngowobulungisa.

[7]Ungumathand' ubulungisa; uyithiyil' inkohlakalo. Ngenxa yaloo nto ke, Thixo, uThixo wakho ukuthambisile. Ewe, ukuthe jize ngesihomo nesithozela esisigqwesayo esoogxa bakho.

[8]Iminweba yakho iqholwe ngomtsalane wemore, ikhala, nekasiya. Kwizixeko ezihonjiswe ngamabamba eendlovu wonwatyiswa ngezeentambula.

[9]Phakathi kwezo zikuphahlileyo zikho neentombi zookumkani. Kufuphi nawe kuthe zinzi inkosazana ethe thande ecikiziweyo igolide yaseOfire.

[10]Khawundiphe iindlebe, uphulaphule, ntombam. Uze ulincame ikhaya, ngokunjalo nendlu kayihlo.

[11]Kaloku wena uyinzwakazi; ke yena ukumkani uyakulangazelela. Phofu ke yena ungumhlekazi, ngoko ke wena mthobele.

[12]Wena ntombi yaseTire, baya kukucenga bakunyobe; ewe, izinhanha ngeendidi zonke zobutyebi.

[13]Phaya entangeni bubuyokoyoko, inkosazana ivath' ezegolide.

[14]Nantso irhuqisa ngamawezaweza, irholwa isiwa kukumkani. Nâzo neentombi eziyikhaphileyo ziyiphahlile zisiya nayo kuye.

[15]Ziyaduda, ziyavuya, ziyamemelela; tsotsololo zagaleleka ebhotwe!

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Ngxatsho ke, mntwan' omhle! Ezihlangwini zooyihlo kuya kungena abakho oonyana. Wena uya kubathi jize ngobungangamsha, babe zizinxiba-mxhaka ehlabathini liphela.

17Ke mna ndiya kulubhengeza udumo lwegama lakho. Uya kudunyiswa zizizukulwana ziphela. Ewe, zonke izizwe ziya kutyibela, zikubonga kude kube ngunaphakade.

Iindumiso 46

UThixo ungakuthi

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe woonyana bakwaKora; iculo. Liculwa ngathi leliya lithi: "Amantombazana."

1UThixo ulihlathi nenqaba yethu; ngexesha leenkathazo uluncedo oluhlala lulungile.

2Ngoko ke asoyiki lutho, nokuba ihlabathi lingazama-zama, nokuba iintaba zingaphoswa enzulwini yolwandle.

3Hayi, amanzi alo angade agqume alephuze amagwebu, iintaba zingcangcazeliswe kukulephuza kwawo.

4Kukho umlambo omisinga isivuyisayo isixeko sikaThixo, esilikhaya elingcwele likaPhezukonke.

5UThixo uthe zinzi apho kuso. Ngoko ke asinakuze sitshabalale, kuba yena usinceda kwasekuseni.

6Izizwe ziyaphithizela; izikumkani ziyabhukuqwa. Lakuhlokoma ilizwi lakhe ihlabathi litsho linyibilike.

7 UNdikhoyo uSomandla ungakuthi; ihlathi lethu nguThixo kaYakobi.

8Yizani nibone akwenzileyo uNdikhoyo. Ewe, uliphanzisile ihlabathi.

9Ngumaphelis' iimfazwe ehlabathini jikelele. Uyasiqoboza isaphetha, awuvikive umkhonto, amakhaka awantumek' umlilo.

10Uthetha ngelizwi athi: "Phezani, ndim uThixo. Ndizivelele izizwe; nehlabathi ndilikrobele."

© 1996 Bible Society of South Africa.

11UNdikhoyo uSomandla ungakuthi; ihlathi lethu nguThixo kaYakobi.

Iindumiso 47

Umlawuli jikelele

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe woonyana bakwaKora.

1Qhwaban' izandla, nonke zizwe; dandulukani, niculel' uThixo nivuya.

2 UNdikhoyo unguPhezukonke, ufanelwe kukuhlonelwa. Yena uyingangalala yokumkani elawula ihlabathi jikelele.

3Yena wasithi jize ngoloyiso, izizwe sazinyathela ngeenyawo; kungaye sizilawula nje izizwe.

4Yena wasikhethela ilifa, iqhayiya lakwaYakobi amthandayo.

5UThixo unyuke ephelekwa yimikhwazo yovuyo; uNdikhoyo ukhawulelwe ngexilongo elihlokomayo.

6Khanimemelele niculele uThixo; ntyilozani nibong' ukumkani wethu.

7Kaloku uThixo ngukumkani; ewe, ngowehlabathi jikelele. Ngoko ke memelelani nibongisele.

8UThixo ungqendeve kwibhotwe lakhe elingcwele; uThixo ngumakhonya phezu kwezizwe.

9Amatshawe ezizwe aqukene ngeentloko; nawo amatwa nabendlu yoThixo ka-Abraham. Amagorha ehlabathi ngakaThixo; yena nguMongameli ovelele bonke.

Iindumiso 48

Isixeko sikaThixo iZiyon

Ingoma; umhobe woonyana bakwaKora.

1 UNdikhoyo mkhulu kakhulu; masimbonge simdumise, esixekweni sikaThixo wethu, entabeni yakhe engcwele.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Ngamalengalenga, ikwayinzwakazi, izisa imihlali kwihlabathi jikelele. Ewe, leyo yiNtaba iZiyon. Emantla emalandalahla silaph' isixeko sengangalala yokumkani.

3Kanye kwezo zakhiwo zinendili uThixo uzibalule, yena nqaba ingafikelelwayo.

4Nâzo izikumkani zihlanganisana; nâzo zidibana zimanyana.

5Kambe zithe zakuyalama, zasuka zamangaliswa, zasuka zankwantya, zasaba zingabhungisanga.

6Ngoko nangoko zahlaselwa kukungcangcazela, zatsho zazibhija-bhija njengonenimba.

7Iinqanawa zaseTashishe wena wazintlitha ngomoya wasempuma.

8Sivile, futhi ngoku sizibonele esixekweni sikaNdikhoyo uSomandla. Nditsho isixeko sikaThixo wethu, isixeko asizinzise unaphakade uThixo.

9Phakathi endlwini yakho, Thixo, siyakwetyisa ukubalasela kothando lwakho.

10Ukudunyiswa kwakho, Thixo, kukwanjengegama lakho, kuthi xhaxhe ngeziphelo zehlabathi. Ulawulo lwakho lunobulungisa.

11Mabavuye abemi beNtaba iZiyon; mazidlokove izixeko zelakwaJuda. Kaloku kulungile ukugweba kwakho.

12Khanihamba-hambe nijikeleze iZiyon; zibaleni iinqaba zayo eziphakamileyo.

13Ewe, zigqaleni iindonga zayo. Khanizihlole izakhiwo zayo, ukuze nibalisele izizukulwana.

14Ewe, yena uThixo nguThixo wethu, ngoku nanini na. Yena uya kusikhapha kude kuse ephakadeni.

Iindumiso 49

Musa ukukholosa ngobutyebi

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe woonyana bakwaKora.

© 1996 Bible Society of South Africa.

[1]Phulaphulani, nonke zizwe! Yivani, nonke bemi behlabathi!

[2]Iindidi zonke maziphulaphule, izityebi ngokunjalo namahlwempu!

[3]Ngoku ndiza kuphokoza ubulumko, iingcamango zam zizal' ukuqiqa.

[4]Ndiza kujongana nentsonkotha; ndiza kuyichaza ngengoma yehapu.

[5]Ndingoyika ntoni ngemihla yobubi, xa ndingqongwe yinkohlakalo yabakhohlisi,

[6]abantu abaqamele ngobutyebi, abaqhayisa ngentabalala yobutyebi?

[7]Umntu akanako ukusindisa umntu; akanako ukunika uThixo ixabiso lobomi bakhe.

[8]Nakanye! Kaloku ixabiso lobomi bomntu likhulu. Alifikeleleki mpela-mpela

[9]elo linokumenza abe sisimakade, angaze alibone ingcwaba.

[10]Uyabona, kaloku nezilumko ziyafa, izidenge kwanezityhakala! Ubutyebi babushiya kwabakhoyo.

[11]Amangcwaba likhaya labo naphakade. Baya kuhlala khona njalo-njalo, nakuba babefudula benemihlaba ebizwa ngabo.

[12]Umntu akanako ukukuphepha ukufa ngokuba esisinhanha. Hayi bo! Uyatshabalala njengezilwanyana.

[13]Nâso ke isiphelo sabasweli-kuqonda, abo bakhohliswa ziingcinga zabo.

[14]Bamiselwe ukufa njengeegusha; bona baxhatshazwa kukufa. Bathi ngqo behlele engcwabeni, onke amathambo abo avuthuluke, kuba kaloku bona abasekho.

[15]Ke mna ke, uThixo uya kundikhulula; uya kundihlangula andithathele kuye.

[16]Sukuxhala wakubona umntu ehluma, wakubona ubutyebi bakhe bukhula.

[17]Akanakuhamba nabo xa afayo; ubutyebi buya kusala ngasemva.

[18]Nakuba ebezicingela ukuba wonwabile ngokuya ebesaphila, nokuba ebenconywa ngempumelelo,

© 1996 Bible Society of South Africa.

19wohamba aye kuhlala namanyange angaze abonane nokukhanya.

20Umntu osisinhanha, kodwa engenangqiqo, uyafana nje nezilwanyana ezi zitshabalalayo.

Iindumiso 50

Unqulo olululo

Umhobe ka-Asafu.

1 UNdikhoyo, uThixo uSomandla, uyathetha; ubhekisa kwihlabathi jikelele, ukususela empumalanga kuye entshonalanga.

2UThixo ubengezela eZiyon, isixeko esibalaseleyo ngobuhle.

3Uyeza uThixo wethu; yena akayi kuthi tu. Phambi kwakhe kudangazela umlilo; uphahlwe sisitshu sesivungu-vungu.

4Umema amazulu kwanehlabathi, xa aza kugweba abantu bakhe.

5Uthi: “Bahlanganiseleni kum abam abathembekileyo, abanqophisene nam ngombingelelo.”

6Amazulu ngokwawo abalisa ngobulungisa bukaThixo; kaloku umgwebi ikwanguye ngokwakhe.

7“Khaniphulaphule, bantu bam, ndithethe; ndiyakumangalela, Sirayeli. Mna Thixo ndinguThixo wakho.

8Andiyigxeki imibingelelo yakho; amadini akho atshiswayo asoloko ephambi kwam.

9Kambe azisamkeleki iinkunzi zakho zeenkomo; ngokunjalo neebhokhwe zemihlambi yakho.

10Kaloku zezam zonke izilwanyana neenyamakazi ezikumawaka-waka eenduli.

11Xa zizonke iintaka ndiyazazi; nezinambuzane zamathafa zezam.

12“Xa bendingalambayo, bendingayi kukubikela. Kaloku lelam ihlabathi nezinto zalo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

13Ngaba ndiyayitya inyama yeenkunzi? Khona, ndiyalisela igazi leebhokhwe?

14Umbingelelo wakho kuThixo mayibe kukubulela, uzifezekise izithembise zakho kuPhezukonke.

15Zibike kum xa usengxakini; mna ndiya kukuhlangula, ke wena undidumise.”

16Kambe ke kwabo bakhohlakeleyo uThixo uthi: “Ngani ukuba niyicengceleze imithetho yam, nincokole ngomnqophiso wam?

17Kaloku niyayenyanya ingqeqesho; aniyithobeli nemiyalelo yam.

18Nakudibana nesela, nihlobana nalo; abakrexezi niyevana nabo.

19“Usoloko uthetha kakubi; uqhelene nentlebendwane.

20Uncokola kakubi ngamawethu; uhleba nomntakanyoko lo.

21Ndinibukele nizenza ezi zinto, andathetha nada nacinga ukuba nam ndifana nani. Kodwa ke ngoku ndiyakhalima; ndilaneka phambi kwenu ityala.

22“Phulaphulani, nina bangandikhathalelanga, hleze ndiniqwenge, angabikho nonqandayo.

23Obingelela ngokubulela uyandidumisa; uzilungiselela ukusindiswa nguThixo.”

Iindumiso 51

Umthandazo wokuzohlwaya

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe kaDavide xa wayejongene noNatan emveni kwenyala lakhe noBhashebha.

1Awu, Thixo, ndiyatarhuzisa! Ngenxa yezibele zothando lwakho, nobubanzi benceba yakho, nceda uzicime iziphoso zam!

2Ndihlambe ndahlukane nabo bonke ububi; ndenze ndibe nyulu, ndingabi nasono!

3Kaloku ndiyabuvuma ubugwenxa bam; isono sam sindithukuthezele.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Eyona ngcambu yesono sam kukuba ndone wena kanye, ndenze into
ekuhlazisayo. Ngoko ke undigwebe ngakhona; isigwebo sakho sifanelekile.

5Kaloku ndaba gwenxa kwasekuzalweni; ndaba ngumoni ndisakhawulwanje
nguma.

6Ewe, wena uthanda umntu onyanisekileyo; ndincede undiphe ingqiqo
enzulu.

7Ndihlambe undicokise ndicoceke; ndihlambe ndibe mhlophe qhwa, ndibe
ngaphezu kwalo nekhephu.

8Mandiphuphume luvuyo nemincili; nakuba undikrobozile nje, mandonwabe.

9Bufihle ubuso bakho ezonweni zam, ubususe bonke ubugwenxa bam.

10Ewe, Thixo, intliziyo yam yidale ngokutsha, ibe nyulu; wuhlaziye umoya
wam, ndikhaliphe.

11Musa ukundigxotha, Nkosi yam; ungamthathi uMoya wakho kum.

12Ndibuyisele uvuyo losindiso lwakho, undixhase ngoMoya wakho, khon'
ukuze ndikuthobele.

13Ke, bona aboni ndiya kubafundisa imiyalelo yakho, baguquke, beze kuwe.

14Awu, Thixo, ndihlangule ekufeni! Nguwe, Thixo, ondisindisayo. Ke mna
ndiya kudanduluka, ndicule ngokulunga kwakho.

15Vula imilebe yam, Nkosi, khon' ukuze ndikubhengeze ngawo umlomo wam.

16Kaloku wena akunanze mibingelelo. Ndingafanelana ndisenza amadini
atshiswayo; akangekwanelisi wena.

17Umbingelelo owufunayo, Thixo, yintliziyo ethobekileyo. Intliziyo
ethobekileyo neguqukayo, wena Thixo, akuyideli.

18Khawuncede uyivelele iZiyon, uyilungiselele; khawuphinde uzakhe
iindonga zeJerusalem.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Uya kwandula ke waneliswe yimibingelelo efanelekileyo; amadini atshiswayo, nditsho natshiswa ephelele. Kobingwa neenkunzi eqongeni lakho lamadini.

Iindumiso 52

Ukugweba nokubabala kukaThixo

Kumbhexeshi-kwayara; umbongo kaDavide, ngexesha uDowegi umEdom exelela uSawule ukuba uDavide usemzini ka-Ahimeleki.

1Uqhayisela ntoni ngobubi, gorhandini, usithi inceba kaThixo iphezu kwakho?

2Usoloko uzungula ukutshabalalisa. Ulwimi lwakho alubukhali, yintshengeca! Uhlala uyila ubutshijolo.

3Uthanda okubi kunokulungileyo; uthe phithi bubuxoki endaweni yenyaniso.

4Hayi ke bethu umntu onolwini! Uyakuthanda ukuphixanisa.

5Ke yena uThixo uya kukudiliza kuthi tu; uya kukuthi xhakamfu, akukhuphe endlwini yakho; uya kukuncothula umke ezweni labaphilayo.

6Akuyibona le nto amalungisa omangaliswa ahlekise athi:

7“Nanko ke umntu ongazange akholose ngoThixo, owasuka wakholosa ngobutyebi, waphumelela ngobutshijolo!”

8Ke mna ndinjengomnquma oyokoyoko; ndihlala phakathi endlwini kaThixo. Ndihlala ndikholose ngezibele zothando lukaThixo; kuya kude kube ngunaphakade.

9Ngenxa yesi senzo sakho, Thixo, ndiya kukudumisa njalo-njalo. Ndithembele kuwe kuba ulungile. Ewe, ndiya kukubhengeza phakathi kwâbo bakuthandayo.

Iindumiso 53

Abakhohlakeleyo

(Ndum 14)

Kumbhexeshi-kwayara; umbongo kaDavide; iculo lokukhuza.

© 1996 Bible Society of South Africa.

[1]Iziyatha zithi akukho Thixo ngandawo. Zonakele, futhi zenza amasikizi; akukho ulungisayo kuzo.

[2]Ke yena uThixo ubabukele abantu; uhlel' ezulwini efuna ukuqonda ukuba ngaba sikho na isilumko, nditsho ofuna ukunqula uThixo.

[3]Kambe ke bonke bemkile; xa bebonke bonakele; kubo akakho olungisayo; nditsho nokuba abe mnye.

[4]Abanangqondo na abakhohlakeleyo, abo baxhaphaza amawethu, ngathi batya isonka, bengamnquli nokumnqula uThixo?

[5]Baya kunkwantya ngendlela engaziwa mntu. Kaloku uThixo uyawasarhaza amathambo âbo bamchasayo. Baya kuhlazeka kuba uThixo ubalahlile.

[6]Akwaba ingavela eZiyon inkululeko yamaSirayeli! Akuba uThixo eyibuyisele inkqubela yabantu bakhe, abakwaYakobi baya kugcoba, achulumache amaSirayeli.

Iindumiso 54

Ukucela ukukhuselwa ezintshabeni

Kumbhexeshi-kwayara; ikhatshwa ziintambula; umbongo kaDavide, ngexesha amaZiti exelela uSawule ukuba uDavide uzimele kuwo.

[1]Ngegunya lakho ndisindise, Thixo; ngamandla akho undikhulule.

[2]Wuphulaphule umthandazo wam, sive isikhalo sam, Thixo.

[3]Iintlanga ziyandihlasela; izikhohlakali zizungula ukundibulala. Zona azimkhathalele nganto uThixo.

[4]Kodwa ke umncedi wam nguThixo, umxhasi wam nguMhlekazi.

[5]Ngamana wayibuyisela kwasezintshabeni zam inkohlakalo yazo. Zibhangise, kuba uthembekile wena.

[6] Ndikhoyo, ndilangazelela ukukwenzela umbingelelo. Ndiyabulela kuwe, kuba wena ulungile.

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Kuzo zonke iingxaki zam wena undihlangule; ukoyiswa kweentshaba zam
ndikubone ngamehlo.

Iindumiso 55

Ukucela uncedo

Kumbhexeshi-kwayara; umbongo kaDavide; ukhatshwa ziintambula.

1Ndincede uwubekele iindlebe umthandazo wam, Thixo. Ndibhenela kuwe;
sukundifulathela.

2-3Sabela, undiphendule. Kaloku iinkathazo zindongamele. Ngenxa
yezisongelo zeentshaba zam ndididekile; ingcinezelo yabangendawo
indixinile. Bafumba inkxwaleko phezu kwam; futhi bandingcikiva ngolunya.

4Ndiyajijitheka ngaphakathi; izoyikiso zokufa zindivingcele.

5Andoyiki ndiyagubha! Ukunkwantya kuyandirhwaqelisa.

6Ndide ndithi: “Akwaba bendinamaphiko njengehobe! Bendiya kuntinga
ndiye kuphumla kude lee.

7Ewe, bendiya kubethwa ngumoya, ndihlale entlango.

8Ndandiya kukhawuleza ndizifunele umqolomba, ndiyizimele kuyo imimoya
ebhudlayo.”

9Nqanda, Mhlekazi! Waphuthise amacebo abo! Kubhidanise ukuthetha
kwabo, bangevani, kuba ndibona ugonyamelo nesidube-dube esixekweni.

10Imini nobusuku bajikeleza ezindongeni zesixeko; siyaphuphuma bububhoja
nobutshijolo.

11Ewe, siphuphuma intshabalalo; ezindaweni zeembutho yingcinezelo
nobukrelemnqa.

12Kambe ke andingcikivwa lutshaba. Ukuba ibilulo bendinganyamezelayo.
Asinguye ondichasayo lo undiqholoselayo, okanye bendingamphephayo.

13Koko nguwe, ntangam, wena gxa wam, mhlobo wam osenyongweni.

© 1996 Bible Society of South Africa.

14Fudula sisidl' imbadu kunye; endlwini kaThixo sasikunye, singumtya nethunga.

15Ngamana zahlaselwa kukufa iintshaba zam. Ewe, ngamana zehlela kwelabafileyo zihleli. Koloku amakhaya azo aqhelene nobubi.

16Kambe ke ndibhenela kuThixo. Ewe, uNdikhoyo uya kundihlangula.

17Kusasa emini nangokuhlwa ndithiwe mbende ngumva-ndedwa; saye ke isililo sam sinyukela kuye, futhi ke uza kundiphulaphula.

18Yena uza kundikhulula, ndingenawo nowempumlo, kweli dabi ndikulo, kwezingaka zona iintshaba.

19Ewe, uThixo owaba sesihlalweni kwamandulo uza kusabela; waye ke eya kuzibhukuqa. Kaloku zona aziguquki, zingamkhathalele noThixo.

20Ewe, obefudula engugxa wam suka wavukela izihlobo zakhe, wasaphula isithembiso sakhe.

21Yena wayethetha kamnandi, kodwa intliziyo yona ifukam' inkohlakalo. Amazwi akhe ayelalanisa, kodwa engebukhali, eyintshengeca!

22Iingxaki zakho ziphose kuNdikhoyo; yena uya kukuxhasa, akayi kuze aliyekele ilungisa.

23Kambe ke, Thixo, uya kubeyelisela enzonzobileni abangendawo, ababulali namatshijolo, bengekagqibi nesiqingatha sobomi. Ukanti ke mna ndiya kukholosa ngawe.

Iindumiso 56

Ukuthembela kuThixo

Kumbhexeshi-kwayara; ucamngco lukaDavide ekubanjweni kwakhe ngamaFilistiya eGati.Uculwa ngathi yilaa ngoma ithi: “Ihobe lamahlathi akude.”

1Awu, Thixo, velana nam, kuba iintshaba ziyandihlasela; maxa onke ziyanditshutshisa.

2Ewe, ndixinekile yintshutshiso yotshaba; yinyambalala abahlaseli abaqholosayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Ndakuxineka ndikholosa ngawe.

4UThixo olizwi ndilidumisayo ndikholosa ngaye ndingenadyudyu. Soze andenze nto umntu.

5Iintshaba zam ziyaphixanisa; zasoloko ziyila amacebo okundilimaza.

6Ziphum' izithuba, ziyandilalela; zithene mbende nam. Kaloku ziyandizungula.

7Babuyekeze ngenxa yezenzo zabo, Thixo; ngamana wabakhahlela phantsi ungenalusizi.

8Uyakubona ukubhadula kwam, neenyembezi zam uyazibona. Kaloku uyazibhala ezi zinto.

9Mhla ndabhenela kuwe iintshaba ziya kuphethuka. Ndotsho ndiqonde ukuba uThixo ungakum.

10UThixo olizwi ndilidumisayo, uNdikhoyo olizwi ndilidumisayo,

11ndokholosa ngaye ndingenadyudyu. Soze andenze nto umntu.

12Ewe, Thixo, ndozifezekisa izithembiso zam, ndenze umbingelelo wokukubulela;

13kuba undihlangule ekufeni, undisindise ekoyisweni, ukuze ndibe phambi koThixo, ndidle ubomi njalo-njalo.

Iindumiso 57

Ukucela uncedo

Kumbhexeshi-kwayara; ucamngco lukaDavide ekuphuncukeni kwakhe kuSawule emqolombeni. Luculwa ngathi yilaa ngoma ithi: "Uzungatshabalalisi."

1Khawube nenceba uvelane nam, Thixo; kaloku igwiba lam nguwe. Ndizimela kuloo maphiko akho zide zidlule iinkqwithela.

2Ndibhenela kuThixo uPhezukonke, kuThixo ongenakundiyekela,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

3eve esezulwini andihlangule, abahlazise abo bandixobongayo. Ngokuthembeka kwakhe uThixo, ngokunjalo nangezibele zothando lwakhe, yena uya kuphendula.

4Ndiphahlwe ziingonyama ezibaqwengayo oonyana babantu. Zisineke ngeengxavula ezingathi yimikhonto neentolo; zitsho ngeelwimi ezilencayo.

5Awu, Thixo, zimaseka phezulu esibhakabhakeni; isidima nesihomo sakho masibe phezu kwehlabathi jikelele.

6Bandithiyela ngezabatha; ndatsho ke ndaminxeka. Bandimbela umwonyo; suka kweyela kwabona.

7Awu, Thixo, ndizimisele ngokupheleleyo; ewe, ngenene, andithandabuzi; ndiza kumemelela nditsholoze!

8Awuhoyi na, mphefumlo wam? Ndosuka ndiqubul' ihapu nekatala; ewe, ndovuka xa kumpondo zankomo.

9Ndiya kukuncoma phakathi kweentlanga, Nkosi; ewe, ndokudumisa naphakathi kwezizwe.

10Izibele zakho zibalasele ezulwini; ukuthembeka kwakho kurhec' amafu.

11Awu, Thixo, zimaseka esibhakabhakeni; isidima nesihomo sakho masibe phezu kwehlabathi jikelele!

Iindumiso 58

Ukutshatyalaliswa kwabakhohlakeleyo

Kumbhexeshi-kwayara; ucamngco lukaDavide. Luculwa ngathi yilaa ngoma ithi: "Uze ungatshabalalisi."

1Ngaba anikhethi buso na kodwa, nina balawuli, xa nilawulayo? Anibalamli ngegobe kodwa abantu?

2Hayi bo! Niyila inkohlakalo; kweli hlabathi naba ugonyamelo.

3Abakhohlakeleyo banxaxha bezalwa nje; ewe, banxaxha besesesizalweni, bathethe ubuxoki.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Banobuhlungu njengeenyoka; banjengenyushu ezenza isithulu,

5ukuze ingeva tu xa iculelwa ngabo banemilingo; ubuqili benkintsela bungasebenzi.

6Khawubaphule loo mazinyo, Thixo; wafohloze amabamba engonyama, Ndikhoyo.

7Mabaphel' emehlweni, baxel' amanzi ehamba ngomsele. Mabajolise ngeentolo ezibuthuntu.

8Mabanyibilike, baxel' inkumba. Mabaxel' imva-mbilini ejik' endleleni.

9Imbiza ingekawuva umlilo, noba wokhekile, noba awokhekanga, izikhohlakali ziqweqwediswa zingabi sabonakala.

10Ke lona ilungisa liya kugcoba lisakuyibona le mpindezelo; liya kugxampuza egazini labakhohlakeleyo.

11Abantu baya kutsho bathi: “Kuthe kanti kuneziqhamo ukuba lilungisa; ngenene ukho uThixo olilawulayo ihlabathi.”

Iindumiso 59

Ukuthandazela ukukhuselwa

Kumbhexeshi-kwayara; ucamngco lukaDavide emveni kokuba uSawule wayethumele amadoda ukuze amchwechwele ambulale endlwini yakhe. Luculwa ngathi leliya lithi: “Uze ungatshabalalisi.”

1Khawundihlangule ezintshabeni, Thixo wam; ndikhusele kwabo bandihlaselayo.

2Ndihlangule kubantu abagwenxa; ndisindise kwizikrelemnqa.

3Uyabona bayandilalela. Izikhohlakali zidibana ngam, ndingonanga nokona, Ndikhoyo.

4Hayi, andenzanga nento le, kodwa nâbo bendiqulela.

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Ndikhoyo, Thixo Somandla, wena Thixo kaSirayeli, phakama uze kundinceda! Vela undibone kaloku. Zivukele uzohlwaye iintlanga. Mabangasindi abaphembi boqhushululu.

6Baphuma ngamarhatya, ngathi zizinja ezilambayo, benze umkhulungwane esixekweni.

7Nâbo begragrama, iilwimi zabo ngathi likrele; bathi ngubani obakhathaleleyo.

8Ke wena, Ndikhoyo, uyabahleka; ewe, ziyintlekisa kuwe iintlanga.

9Ungumkhuseli wam, ndizimela ngawe; ulikhakha lam, wena Thixo.

10Ngenxa yokuba undithanda uyandihlangabeza, Thixo wam; uya kuziswantsulisa iintshaba zam.

11Musa ukubatshabalalisa, Thixo, khon' ukuze abantu bakho bafumane umzekelo. Ngaloo mandla akho basarhaze babe zizibhadu-bhadu. Ulikhakha lethu, wena Ndikhoyo.

12Kukrwada ukuthetha kwabo; mabaxakane nekratshi labo, kuba bayaqalekisa, futhi bayaxoka.

13Babhubhise ngomsindo wakho; batshabalalise kuthi tu, khon' ukuze ihlabathi lazi ukuba kwaYakobi kulawula uThixo.

14Baphuma ngamarhatya, ngathi zizinja ezilambayo, benze umkhulungwane esixekweni.

15Bafunana nokutya, barhaqaze bakuba benganeli.

16Kodwa ke mna ndiya kucula ndibonga amandla akho; ndiya kumemelela kwasekuseni, kuba uthando lwakho luyamangalisa. Kaloku wena uyinqaba yam, ungumqolomba ngomhla wembandezelo.

17Ndiya kukubonga, mkhuseli wam. Mna ndizimela ngoThixo; ewe, uThixo ondithandayo.

Iindumiso 60

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Ukucela ukuhlangulwa

Kumbhexeshi-kwayara, ingoma yokufundisa. Sisililo sikaDavide ngokuya wayesilwa nama-Aram aseMesopotami, kunye nama-Aram aseZobha, waza uJowabhi wawadudula wabulala amaEdom alishumi elinambini lamawaka kwiNtlambo yeTyuwa. Iculwa ngathi yileya ithi: "Iinyibiba."

1Awu, Thixo, usilahlile! Ngoku sitsho soyisakala. Wena usivelele ngomsindo. Nceda, khawube nebuyambo.

2Wena uwunyikimisile umhlaba; wona utsho wazama-zama; kungokunje uyaqhaqhazela. Nceda ungcibe ezo ntanda.

3Abantu bakho ubavise inkxwaleko; ewe, usitsho sazizinxada-nxada.

4Ubanike intshinga abakuhlonelayo; ubahluphezile ukuze bazuze uloyiso.

5Nceda ngamandla akho usivelele, ukuze basinde abo ubathandayo.

6UThixo uthethe esesibingelelweni sakhe, wathi: "IShekem ndiyayahlula-hlula, ngoloyiso ndiyayihlahlela; intili yeSukoti yona ndiyibenge.

7IGiliyadi yeyam, noManase ngowam. UEfrayim lelona xhadi lam; uJuda ngumsimbithi wam.

8UMowabhi yintili yam yebhongo; ke yena uEdom ndiyambanga. EFilistiya ndikhwaza uloyiso."

9Ngubani onokundisa emzini oxhotyisiweyo? Ngubani onokundisa e-Edom?

10Noko usilahlile, Thixo. Awusaphumi nemikhosi yethu.

11Sincedise ezintshabeni zethu: kaloku olomntu uncedo luphuthile.

12Ukuba uThixo ungakuthi siya kuphumelela; uya kuzinyhasha iintshaba zethu.

Iindumiso 61

Ukucela ukhuselo

Kumbhexeshi-kwayara; ikhatshwa ziintambula; umhobe kaDavide.

1Thixo, ndiyakhala; nceda undiphulaphule.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Ndibhenela kuwe ndisekudeni; ndisuke ndanengevane. Nceda undikhokele,
undise entabeni ephakamileyo.

3Kaloku wena uyinqaba yam; uyandikhusela ezintshabeni.

4Ndiya kuhlala kwakho njalo-njalo, ndithi ncwaba phantsi kwaloo maphiko.

5Kaloku, wena Thixo, uzivile izithembiso zam; undinike ilifa
labakuhloniphayo.

6Yandise imihla yokumkani; makakhule ade akhokhobe.

7Makangqendeve kwaThixo njalo-njalo, umkhusele ngothando lwezibele
zakho; ewe, maluse ngokuthembeka kwakho.

8Mna ke ndiya kukubonga mihla le, ndihlale ndizifezekisa izithembiso zam.

Iindumiso 62

Ukukholosa ngokukhuselwa nguThixo

Kumbhexeshi-kwayara uJedutun; umhobe kaDavide.

1Ndithe cwaka ndikholose ngoThixo; kaloku nguye yedwa ondikhululayo.

2Ndizimela ngaye, nguye ondisindisayo. Yinqaba yam, soze ndichukunyiswe.

3Koda kube nini nimhlasela umntu, ninxanel' igazi lakhe, noba enjengodonga
olukekeleyo, enqwa nothango oluwayo?

4Nizungula ukumbhukuqa awe; niqhayisa ngokuxoka. Ngomlomo
niyathamsanqelisa, ukanti niyaqalekisa ngaphakathi.

5Ndithe cwaka, ndikholose ngoThixo; kaloku nguye yedwa ithemba lam.

6Ndizimela ngaye, nguye ondisindisayo. Yinqaba yam, soze ndichukunyiswe.

7Ndisindiswa nguThixo, uliwonga lam. UThixo yinqaba yam, ndizimela
ngaye.

8Maxa onke thembelani kuye, bantundini, nizityand' igila kuye; kaloku
uThixo yinqaba yethu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

9Abantu bafana nomphunga. Umntu yinto engento yanto. Akubekwa esikalini
ukhaphukhaphu; hayi, kubhetele kwaphepha.

10Musa ukuqamela ngezigalo; musa ukuthembela ekuphangeni. Noba
bungade bufumbe ubutyebi, wena musa ukuqamela ngabo.

11Nto zimbini azithethileyo uThixo: Le yokuba amandla ngawakhe,

12nenkqu yothando ivela kuMhlekazi. Kaloku wena, Nkosi, uyazelelela,
umntu umvuza ngokwemisebenzi yakhe.

Iindumiso 63

Ukulangazelela uThixo

Umhobe kaDavide xa wayesentlango yelakwaJuda.

1Wena Thixo, unguThixo wam, ndithe swi nguwe. Umphefumlo wam
uyakulangazelela. Ndihlala ndizula-zula ndikufuna; ndinxanele wena oku
komhlaba obharhileyo.

2Ndikuzingela phakathi esibingelelweni, ukuze ndibone amandla nesidima
sakho.

3Kaloku izibele zothando lwakho ziyabugqwesa nobomi, ngoko ndiya kuhlala
ndikudumisa.

4Ndiya kukubonga lo gama ndisaphilayo; ndiya kunyukela kuwe
ngomthandazo.

5Ndiya kutya ndide ndincinde amafutha; ndiya kumemelela ndicule
ndinemihlali.

6Emandlalweni wam ndicinga ngawe; ndicamngca ngawe phakathi kobusuku.

7Kaloku wena uluncedo lwam; ngamaphiko akho uyandikhusela, nditsho
ndicule ndinemincili.

8Ndizimisele ukuthi nca kuwe; kaloku wena uyandixhasa.

9Ke bona abafunana nobomi bam baya kweyela kwelabafileyo.

10Baya kubulawa ngekrele, babe lixhoba leengcuka.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11Ke yena ukumkani uvuyiswa nguThixo. Bonke abaqamela ngaye baya konwaba. Amaxoki ke wona aya kusikw' umlomo.

Iindumiso 64

Ukucela ukhuselo

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe kaDavide.

1Bek' iindlebe, Thixo, ndiyakhala; ndikhusele kwizoyikiso zotshaba.

2Ndifihle kumayelenqe abakhohlakeleyo, kwihlokondiba eliyila inkohlakalo.

3Ulwimi lwabo lubukhali njengekrele; bajolisa ngamazwi abukhali okweentolo.

4Balalela badubule abamsulwa; babaqubula bengenasazela.

5Bayakhuthazana kobu bukrelemnqa; bafuthelana ngamayelenqe; bathi: “Soze sibonwe!

6Ngubani onokulibhaqa eli yelenqe lethu? Iqhinga lethu silenze ngobuchule.” Kaloku intliziyo yomntu lulwandle!

7Kodwa ke uThixo uya kubadubula ngotolo; uya kubachana benzakale bengalindelanga.

8Uya kubabhubhisa ngenxa yokuthetha kwabo, abababonayo banikine iintloko.

9Bonke baya kutsho boyike, bakubhengeze akwenzileyo uThixo, bayetyise imisebenzi yakhe.

10Amalungisa makonwatyiswe nguNdikhoyo. Ewe, makazimele ngaye; onke amalungisa makaqhayise ngaye.

Iindumiso 65

Elokudumisa nokubulela

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe oculwayo kaDavide.

1Ufanelwe kukubongwa, Thixo, eZiyon, zifezekiswe kuwe izibhambathiso.

2Wena uyawugqala umthandazo; bonke baya kuza kuwe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Ngenxa yobugwenxa bethu iziphoso zethu ziyasongamela, kodwa wena
uyasixolela.

4Uthamsanqelekile omnyulayo wena. Lowo umhlalisa enkundleni yakwakho.
Siya kufumana ukwanela endlwini yakho, apho kukho ubunewu-newu
nobungcwele.

5Ngemisebenzi yakho emangalisayo uyasiphendula usikhulule. Thixo, wena
uyinkululeko kuthi. Ihlabathi liphela lithembele ngawe, nditsho neelwandle
jikelele.

6Iintaba waziseka ngegunya lakho, zingumzobo wamandla akho.

7Ungumthozamisi weelwandle ezilwayo, umthibazi wamaza alatyuzayo,
umthomalalisi wezizwe ezixokozelayo.

8Nabaseziphelweni zehlabathi bathi, bakuzibona ezi zinto, barhwaqele.
Ngapha nangapha wena uhlwayela ulonwabo.

9Ilizwe wena ulalusa ngemvula; wena ulitsho libe yintombazana. Ke yona
imilambo iyankcenkceza; uyabalungiselela bafumane indyebo.

10Amasimi uwavathisa ngemvula, atsho ee thinte ngamanzi. Umhlaba
uwunyakamisa ngomvimbi, zitsho ziqhame izityalo.

11Unyaka uwuthi jize ngendyebo, kuvuz' ubusi namafutha kwimizila
yeenyawo zakho.

12Amadlelo athe thande yimfuyo; iinduli zimbeje-mbeje, ziyavuya.

13Idobo liphanjwe yimihlambi; iintili zivathiswe likhaba. Ziyakratsha,
ziyacula zinemincili.

Iindumiso 66

Elokudumisa nelokubulela

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe oculwayo.

1Khanitsho ngentsholo nidumisa, nibong' uThixo, nonke bemi behlabathi!

2Culani nidumise isidima sakhe; khanimtyibele nimemelele!

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

3Dandulukani, nithi kuThixo: “Iyamangalisa imisebenzi yakho; ubungangamsha bakho bunabile; buzitsho neentshaba zakho zinkwantye.

4Ihlabathi liphela likhahlela kuwe, livum' amaculo, lidumisa wena; liyamemelela, libong' igama lakho.”

5Yizani niyibone imisebenzi kaThixo; izenzo zakhe ziyalumangalisa uluntu.

6Ulwandle walujika lwayinkangala. Umlambokazi bawuwela betabhata. Ngenene sachulumacha ngenxa yakhe.

7Igunya lamandla akhe alinamida. Iliso lakhe lizalusile izizwe; nezibhoja mazingajambalazi.

8Mncomeni uThixo wethu, nonke zizwe! Izibongo zenu maziviwe nangabakude.

9Yena wasithundeza wasixhasa; akasiyekelanga ekutyibilikeni.

10Kaloku, wena Thixo, usivavanyile; usicikide njengesiliva.

11Wasiyeka sagaxeleka elubobeni; wasiyekela sathandelwa ziinkxwaleko.

12Wasivula, iintshaba zasityakatya, sadada emililweni nasemanzini; wabuya wasithi jize ngendyebo.

13Ndoya endlwini yakho, ndikuphathele amadini atshiswayo; ndiza kuzifezekisa izithembiso zam,

14ndizenze izinto endazithethayo mhla kwakugos' okwaphukayo.

15Ndiza kukwenzela amadini ngezityebileyo, ndiqhumise ngombingelelo weenkunzi zeegusha, ndibingelele ngeenkunzi zeenkomo nezeebhokhwe.

16Nonke nina nimhlonelayo uThixo, yizani ndinibonise izinto andenzele zona.

17Ndadanduluka kuye ndizibika; ndandipheth' iindumiso nemibongo.

18Ukuba ndandizigushile izono zam uMhlekazi ebengayi kundiphulaphula.

19Kambe ke uThixo undivile; uwuphendule umthandazo wam.

© 1996 Bible Society of South Africa.

[20]Ngenene ngowokubongwa uThixo. Yena akakhalalanga ndakuzibika kuye; akazibandezanga izibele zothando lwakhe.

Iindumiso 67

Elokubulela

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe oculwayo; ukhatshwa ziintambula.

[1]Ngamana wanesisa wasithamsanqelisa, Thixo! Ewe, ngamana ungenza kube hele kube chosi kuthi,

[2]ukuze yaziwe intando yakho emhlabeni, izizwe ziluxhamle usindiso lwakho.

[3]Zonk' iintlanga mazikubonge, Thixo; bonk' abantu mabakudumise.

[4]Mazidanduluk' izizwe zicule ngemincili, kuba wena ulawula ngobulungisa, zaluswa nguwe zonk' izizwe.

[5]Zonk' iintlanga mazikubonge, Thixo; bonk' abantu mabakudumise.

[6]Ilizwe liphuphum' indyebo. UThixo usithamsanqele; nditsho uThixo wethu.

[7]Ngenene uThixo uyasithamsanqela; ngamana lamthobela ihlabathi jikelele.

Iindumiso 68

Umhobe wesizwe

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe oculwayo kaDavide.

[1]Ngamana waphakam' uThixo, waziswantsulis' iintshaba zakhe. Banga bangaba ziintsali abamthiyileyo.

[2]Mabaphaphatheke; bavuthele, bathi shwaka, baxel' umsi. Mabanyibilike, baxel' umthwebeba emlilweni. Mababhubhe phantsi koThixo abakhohlakeleyo.

[3]Ke wona amalungisa makonwabe. Wona makavuye phambi koThixo. Ewe, makabe nemihlali nemincili.

[4]Culelani uThixo, nibong' igama lakhe. Ewe, mbongeni lowo ucand' emafini. Igama lakhe nguNdikhoyo, vuyani ngenxa yakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

5UThixo usendlwini yakhe engcwele. Nguyise weenkedama, umthetheleli wabahlolokazi.

6Abangenabani ubenzela izihlobo. Amabanjwa uwakhokelela enyhwebeni; ke bona abavukeli bohlala kwelingumqwebedu.

7Ke wena, Thixo, wabakhokela abantu bakho; wanyantsula, wacanda entlango.

8Umhlaba watsho wanyikima, yagalelek' imvula, ngokufika kukaThixo waseSinayi; ewe, nditsho uThixo wamaSirayeli.

9Wena, Thixo, wathulula izandyondyo zemvula, walinyanga ilizwe lakho elibharhileyo.

10Abantu bakho watsho bazuza umhlaba wokuma; ngenceba yakho wabazelelela abahlelelekileyo.

11INkosi inika umyalelo, batsho babe baninzi abavakalisa iindaba.

12Iinjengele zomkhosi nâzo zibaleka; ke bona abafazi basala besab' amaxhoba.

13Sebengathi ngamahobe ahonjiswe ngesiliva; amaphiko ehonjiswe ngegolide.

14Wathi uSomandla ukubasarhaza ookumkani, kwatsho kwalal' ikhephu eZalmon.

15Iphakamile ke kambe intaba iBhashan; yintaba encopho zininzi.

16Zintabandini, ngani ukuba niyigxeleshe intaba, nditsho intaba enqwenelekayo kuThixo, apho wohlala khona ngonaphakade uNdikhoyo!

17UNdikhoyo weza ngeenqwelo ezimawaka-waka, ephuma eSinayi, esiza ebhotwe.

18Wantinga, wanyukela phezulu, erhuqa umngcelele wabathinjwa, wamkela izipho ebantwini, ewe, nditsho nakwabamvukelayo, ukuze uNdikhoyo uThixo ahlale khona.

19Yibongeni iNkosi! Mihla le iyasazelelela, uThixo ngumsindisi wethu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

20UThixo wethu ungosindisayo; uMhlekazi uNdikhoyo uyasihlangula ekufeni.

21Kodwa ke uThixo uya kuzintlekeza iintshaba zakhe, abo bathene nca nenkohlakalo.

22INkosi yathi: “Ndiya kuzibuyisa eBhashan; ndiya kuzirhola enzonzobileni yolwandle;

23ukuze nina nigxampuze egazini lazo, zona izinja zihluthe kukuxhaph' igazi.”

24Umngcelele wakho, Thixo, uyabonakala, umngcelele oya esibingelelweni, nditsho okaThixo, ukumkani wam.

25Phambili ngabantyilozayo, belandelwa ngabangqungqayo; phakathi kwabo iintombi zibeth' iingqongqo.

26Mbongeni uThixo embizweni yakhe; mbongeni, nina bandla likaSirayeli!

27Zikhokelwa nguBhenjamin inci. Nâlo neqela lamatshawe akwaJuda. Ayalandela awakwaZebhulon nawakwaNafetali.

28Bonakalìsa ubungangamsha bakho, Thixo; loo mandla wasinceda ngawo, Thixo.

29Ngenxa yesidima sendlu yakho eJerusalem izikumkani ziza zipheth' imirhumo.

30Bakhalimele abo bahlala eJiputa, isizwe esiziphetheleyo izizwe, esicinezela ezinye ngenxa yomrhumo. Isizwe esingumnqay' ulambile sizichitha-chithile ezinye izizwe.

31Imirhumo mayize iphuma eJiputa; amaKushe makaphakamele kuThixo azibike.

32Culelan' uThixo, zizwe zehlabathi; memelelani nimbonge uMhlekazi;

33kulowo ucanda amazulu, nditsho amazulu amandulo, otsho ngelizwi ngathi liyazongoma.

34Wancomeni amandla kaThixo obungangamsha buphezu koSirayeli, omagunya akhe asesibhakabhakeni.

© 1996 Bible Society of South Africa.

35Uyamangalisa uThixo kwikomkhulu lakhe; ewe, nditsho uThixo kaSirayeli.
Abantu bakhe ubabela amandla nokomelela. Huntshu-u-u, mbongeni uThixo!

Iindumiso 69

Ukuzibika

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe kaDavide. Uculwa ngathi yilaa ngoma ithi: "Iinyibiba."

1Awu, khawundihlangule, Thixo! Ndithe gabhu ngentamo emanzini.

2Ndiyazika eludakeni olubizelayo, apho kungekho nokuxhathisa. Ndithe dyumpu esizibeni; umsinga uyandintywilisela.

3Sendikhale zada zoma, kungokunje ndom' umqala; amehlo afiphele kukujong' enkalweni, ndilangazelela wena, Thixo wam.

4Abo bandithiyileyo ngaphandle kwesizathu bagqitha inani leenwele zentloko yam. Zizigantsontso ezifuna ukunditshabalalisa, ezindihlasela ngokundityhola. Ndingathini ukuhlawula ndingebanga nje?

5Ke wena, Thixo wam, uyasazi isono sam; amatyala am' aselubala kuwe.

6Awu, Ndikhoyo, Thixo onamandla onke, mandingabahlazisi abo bakholosa ngawe; abakulangazelelayo mabangangcikivwa ngenxa yam, Thixo kaSirayeli.

7Kaloku kungenxa yakho ndinyeliswa nje; ngoku sendintywil' ehlazweni.

8Sendaba yintlanga kumawethu; ndingumhambi kwiinto zikabawo.

9Ke kona ukuzondelela indlu yakho kundongamele; izithuko zabakunyelisayo ziphezu kwam.

10Ndalila ezimathontsi, ndizila ukutya, kodwa naleyo yaba sisingcikivo.

11Ndithi ndakunxiba ezirhwexayo zokuzila ndisuke ndibe ngundaba-mlonyeni.

12Bancokola ngam ezimbuthweni; sendide ndayingoma yamanxila.

13Kambe ke, Ndikhoyo, mna ndiyakuthandaza. Ngeli xesha lifanelekileyo, Thixo, nangenxa yendyebo yezibele zothando lwakho, khawuncede

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

undiphendule. Ngenxa yokuthembeka kwakho ndihlangule; naku sendizika eludakeni.

14Ndisindise ezintshabeni zam; ndikhuphe emanzini anzongonzongo.

15Ewe, mandingantywiliselwa ngumsinga; mandingarhaxwa kwisiziba esimnyama; mandingaginywa yinzonzobila.

16Hayi ubuhle bezibele zakho! Ndikhoyo, ndivelele undiphendule; ewe, ngokobuninzi beenceba zakho ndive!

17Musa ukusifulathela isicaka sakho. Ndibandezelekile; nceda undiphendule.

18Sondela undisindise; ndikhulule ezintshabeni zam.

19Uyayazi indlela endingcikivwa ngayo; uyazi ukuba andinto yanto, ndihlazekile; uyazazi zonke iintshaba zam.

20Izinyeliso ziwaphule umoya wam; kungokunje ndivikivekile. Ndathemba ukukhuzwa, kodwa nya! Nokuthuthuzelwa andakufumana.

21Ndaweni yokutya ndanikwa ityhefu; endaweni yamanzi yaba yiviniga.

22Mabenzakaliswe kwakukutya kwabo, amatheko abo abe ngumgibe kubo.

23Mabamfanyekiswe bangaboni; umzimba wabo mawutyhutyhwe lidumbe.

24Mabagutyungelwe yingqumbo yakho; mabatshiswe ngumsindo wakho.

25Mawube linxuwa umzi wabo, makungahlali nabani kuwo,

26kuba bayamtshutshisa ombethileyo, baphoxise ngaye omenzakalisileyo.

27Bancine ngesona sohlwayo; mabaphoswe yinceba yakho.

28Mabacinywe kwincwadi yoludwe lwabaphilayo, mabangadweliswa namalungisa.

29Kambe ke ndiyajwaqeka yintlungu; ndonyule undisindise, Thixo.

30Ndiya kumemelela ndibonge uThixo; ndiya kumncoma ndidomboze.

31Lo ke wona umbulelo ubalasele; ungaphezulu kokubulela ngethole kuNdikhoyo, uyidlula lee inkunzi yenkomo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

32Ke bona abahlelelekileyo baya kuvuya; abamlangazelelayo uThixo bokhuthazeka.

33Kaloku uNdikhoyo uyabeva abahlelelekileyo; akabacekisi abakhe ababanjiweyo.

34Dandulukani, mazulu nani hlabathi, nimbonge, nani zilwandle nako konke okushukumayo kuni!

35Kuba uThixo uya kuyisindisa iZiyon, aphinde azakhe izixeko zakwaJuda. Izicaka zakhe ziya kuba ngabemi bakhona,

36izizukulwana zona zidle ilifa, bathi nabamthandayo bahlale khona.

Iindumiso 70

Ukucela uncedo

(Ndum 40:13-17)

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe kaDavide, olungiselelwe umnikelo wesikhumbuzo.

1Awu, khawuncede undihlangule, Thixo! Khawuleza, Ndikhoyo, undincede!

2Mabadane badideke abandizondayo; mabarhoxe baphoxeke abazungula ukundenzakalisa.

3Mabajike benyoshoza abo bathi tshotsho vityo.

4Abakulangazelelayo mabavuye bagcobe ngawe; abaluthandayo usindiso lwakho mabangaphezi ukuthi: “Huntshu – uyingangalala uThixo!”

5Ke mna ndilihlwempu, ndiludwayi; awu, Thixo, khawundivelele! Umncedi nomhlanguli wam nguwe; sukuba saphozisa maseko, Ndikhoyo!

Iindumiso 71

Umthandazo wengwevu

1 Ndikhoyo, ndizimela ngawe, mandingaze ndidaniswe.

2Njengokuba ulilungisa, ndihlangule undisindise; ndiphulaphule, undikhulule.

3Yiba ngumqolomba wokuzimela; yiba yinqaba endiphephela kuyo. Thetha ngezwi ndikhuseleke; kaloku uligwiba elindikhuselayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Thixo wam, ndihlangule kwabakhohlakeleyo, ndingabanjwa ngabagwenxa
nezikhohlakali.

5Kaloku ithemba lam nguwe, Nkosi; ndakholosa ngawe ndisengumntwana,
Ndikhoyo.

6Ndaqamela ngawe kwasekuzalweni; ndakhutshwa nguwe kumama. Ndiya
kukubonga njalo-njalo.

7Ndisisimanga kwabaninzi, kodwa ke wena uyandikhusela.

8Ndiswel' imilomo yokukubonga, ndikudumise maxa onke.

9Ungandilahli ndakuguga; ungandishiyi ndakuphelelwa ngamandla.

10Iintshaba zifakan' imilomo ngam; abandizungulayo bayacebisana.

11Bathi: “Ulahliwe nguThixo. Masimsukele simgxagxamise. Akukho uya
kumhlangula.”

12Sondela kum, Thixo! Khawuleza undincede, Thixo wam!

13Abandihlaselayo mabahlazeke babhubhe. Ngamana baphoxeka bahlazeka
abazungula ukundenzakalisa.

14Ndiya kuthembela kuwe rhoqo, ndikubonge njalo-njalo.

15Ndiya kububhengeza ubulungisa bakho, ndihlale ndiluvakalisa usindiso
lwakho nakuba lungenakuphicothwa.

16Ndize kukudumisa, Mhlekazi Ndikhoyo, ngenxa yamandla akho,
ndikubonge ngobulungisa obungakanana.

17Wandifundisa kwasebuncinaneni, Thixo. Unangoku ndisayincoma
imisebenzi yakho, kuba iyamangalisa.

18Nangona ndiyingwevu nje, sukundilahla, Thixo, ndide ndiwabhengeze
amandla akho nakwizizukulwana ezizayo.

19Amandla nobulungisa bakho, Thixo, bufikelela emazulwini. Kambe zinkulu
izinto ozenzileyo. Awu, Thixo, akakho onjengawe!

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

20Undithubelezise ezinkathazweni ezininzi; kambe ke uya kundihlangula
ekufeni, undikhuphe emathunjini omhlaba.

21Uya kundizimasa, undithuthuzele kwakhona.

22Ndiya kubeth' ihapu ndikubonge, kuba uthembekile, Thixo wam. Ndobeth'
ikatala ndikudumise, wena Ngcwele kaSirayeli.

23Ndiya kumemelela ndinemincili, ndicule ngokuzimisela okukhulu ngenxa
yokuba undihlangule.

24Ndiya kubalisa ngobulungisa bakho, ndithethe ngabo ndingaphezi, kuba
abo babezama ukundenzakalisa bahlazisiwe batsho baphoxeka.

Iindumiso 72

Umthanjiswa kaThixo

Indumiso kaSolomon.

1Mthi jize ngobulumko bokulawula ukumkani, Thixo; mabele ukunyaniseka
kwakho umntwan' egazi;

2ukuze abaphathe ngobulungisa abantu bakho, abalawule ngokubazelelela
abahlelelekileyo.

3Mazihlaziyeke iinduli neentaba ziqhame; makube yinzolo inkqubela
nobulungisa.

4Ngamana yena wawakhusela amahlwempu, abancede abo bahlelelekileyo,
abanyhashe abacinezeli.

5Abantu mabambuse bamkhonze xa lisaman' ukuvela ilanga, lo gama
isakhanyisa nenyanga, kuye kwizizukulwana ngezizukulwana.

6Makabe njengemvula emasimini, abe njengomvimbi emhlabeni.

7Makande amalungisa ngemihla yakhe; ewe, axhamle inzolo de ingabi
sabikho inyanga.

8Ngamana olwakhe ulawulo lwasuka elwandle lwesa elwandle, lusuke
emlanjeni iEfrati luse eziphelweni zehlabathi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[9]Ngamana baqubuda kuye abasentlango, iintshaba zakhe zity' umhlaba.

[10]Ngamana ookumkani baseTashishe nabeziqithi bakhuph' imirhumo, abaseSheba nabaseSebha bakhuph' isithabathaba.

[11]Bonk' ookumkani mabakhahlele kuye, zonk' izizwe zimbuse.

[12]Uyabahlangula abakhalayo, amahlwempu nabangenabani.

[13]Uyavelana nababuthathaka neentsizana, abasindise abahlelelekileyo.

[14]Ubakhulula kwingcinezelo nakwizibhovubhovu; kuye lixabisekile igazi labo.

[15]Kuye sithi: “Mpilo-nde-ntle!” Mayize kuye igolide yaseShebha; makathandazelwe njalo-njalo, iintsikelelo zihlale zivuza phezu kwakhe.

[16]Ngamana kwayindyebo emhlabeni, neencopho zeentaba ziqhame, kuchume njengaseLebhanon. Mabanyakazele abantu ezixekweni, baxel' ingca emadlelweni.

[17]Igama lakhe malingaze liphele; malibe sisimakade lixel' ilanga. Ngamana bonk' abantu bamdumisa; ewe, mabamnqwenelele iintsikelelo, zonk' izizwe zimthamsanqele.

[18]Ngamana wadunyiswa uNdikhoyo, uThixo kaSirayeli, ekukuphela kwakhe owenza imimangaliso enje.

[19]Huntshu-u-u! Masibongwe isidima segama lakhe kude kube nini nanini! Ngamana waphuphuma umhlaba sisihomo nesithozela sakhe! Huntshu-u-u!

([20]Iyaphela apha incwadi yemihobe kaDavide unyana kaJese.)

Iindumiso 73

ICANDELO LESITHATHU
(IiNdumiso 73-89)
Ubulungisa bukaThixo
Umhobe ka-Asafu.

[1]Ngenene uThixo umphethe kakuhle uSirayeli; ulungile kwabantliziyo zinyulu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Kodwa ke mna suka ndathandabuza, ewe, gcwizi ndityibilike,

3kuba ndinekhwele ngabaqhayisayo, kukubona inkqubela yabakhohlakeleyo.

4Kaloku bona abazani nantlungu; baphile bayimiqaba-qaba.

5Abakhathazwa nto njengabanye abantu; abafunyanwa zizibetho njengabanye.

6Ngoko ke bagaxel' ikratshi; bathi wambu ugonyamelo.

7Badumb' amehlo kukutyeba; iintliziyo ziphuphum' ubuqhopololo.

8Bayangcikiva benentlamba; baziphakamisile basongela ngengcinezelo.

9Bangcikiva nkqu namazulu; batheth' unothanda emhlabeni.

10Ke bona abantu bayabamkela; barhorhozela emva kwabo.

11Bathi: “UThixo ngeke aqonde; uPhezukonke ngeke asibhaqe.”

12Banjalo ke abakhohlakeleyo; abazihluphi nganto, kodwa bayahluma.

13Ngani ke ukuba ndiziphathe kakuhle, ndizigcine ndinyulu?

14Kaloku andahlukani nentlupheko; miso le ndiyohlwaywa.

15Xa bendithetha kanjalo bendingaba ndingcatsha abantu bakho.

16Ndizamile ukuyiphononononga le nyewe, kodwa suka yayinkinge kum.

17Ndide ke ndabhenela engcweleni kaThixo, ndacacelwa ke sisiphelo sabo.

18Ngenene ubabeka emtyibilizini, bawe batshabalale.

19Ngephanyazo baba nesiphelo esilumezayo, beyela bephanziswa kukunkwantya.

20Nkosi, banjengephupha ekuphaphameni komntu; ubume balo buyalibaleka akuvuka.

21Ngokuya ndandibindekile, ndikhathazekile entliziyweni,

22ndandingaqondi, ndisisidenge; ndandiziphethe njengesilwanyana.

23Kambe ke ndisoloko ndikuwe; undithe chu ngesandla.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

24Ewe, wena uyandithundeza; kamva ke wondamkelela ewongeni.

25Ndikholosa ngawe usemazulwini; ungowam nje ke, andilinanze nganto ihlabathi.

26Umzimba nentliziyo zingade ziphelelwe, wona amandla am nguThixo, ulibango lam naphakade.

27Abakutyeshelayo baya kubhanga; uyabatshabalalisa abaqhankqalazi.

28Kum ke kuluyolo ukuba kufuphi kuwe, Thixo. Nkosi yam Ndikhoyo, ndikhuselwa nguwe, ukuze ndibalise ngemisebenzi yakho.

Iindumiso 74

Ukuthandazela inkululeko yesizwe

Umbongo ka-Asafu.

1Awu, Thixo! Ngani ukuba wenjenje ukusilahla? Awusathothi na umsindo wakho kubantu bakho?

2Khawulikhumbule ibandla lakho owalifumana mandulo, owalikhululayo ukuze libe lilifa lakho; khumbula ikhaya lakho intaba iZiyon.

3Khawuye kuloo mabhodlo; iintshaba zabhuqa konke endlwini yakho.

4Zabharhumla phakathi endaweni engcwele, zaza zamisa eyazo indwe.

5Ezo zinxosha-nxosha zabhulula konke, ngathi ngabagawuli begec' imithi.

6Zona izinto ezenziwe ngomthi bazintlekeza ngooncelemba nezando.

7Zayintumek' umlilo indawo engcwele, zayixabhela zayidiliza indlu yakho engcwele.

8Zathi: “Masibabhangise kuthi tu.” Kulo lonke bazitshisa iindawo zokunqula.

9Eyakuthi indwe ayisabonakali; akusekho namshumayeli, kungekho waziyo ukuba koda kube nini na.

10Koda kube nini, Thixo, utshaba lungcikiva? Lohlala lukunyelisa njalo-njalo?

11Kutheni ukuba ungasincedi? Ngani ukuba usonge izandla?

© 1996 Bible Society of South Africa.

12Kambe ke wena, Thixo, waba ngukumkani kwamandulo. Uyabahlangula
abantu ehlabathini liphela.

13Ngaloo mandla walahlula-hlula ulwandle, waziqhekez' intloko iingwenya,

14wasintlekeza intloko isilo solwandle, sakukutya kwelo libharhileyo.

15Wena wampompozisa imithombo nemilanjana, waza wayomisa imilambo
engatshiyo.

16Yadalwa nguwe imini, ngokunjalo nobusuku; ivela kuwe inyanga,
ngokunjalo nelanga.

17Yamiswa nguwe imida yehlabathi; ngokukwanjalo ihlobo nobusika.

18Awu, Ndikhoyo, khumbula ukuba iintshaba ziyakusinekela; izibhoja
ziyalingcikiva igama lakho.

19Ungabayekeli ezintshabeni abantu bakho; khumbula ngokubandezeleka
kwabantu bakho.

20Khawucinge ngomnqophiso wakho, kuba eli lizwe liphethwe zizibhoja zona
zigoxa kwamnyama-ndawo.

21Sukubayekela abacinezelweyo; nawo amahlwempu neentsizana
makakudumise.

22Khawuvuke uhlanganise, Thixo; izibhoja zisoloko zikungcikiva.

23Sukuyilibala intsholo yotshaba lwakho, umlembelele wengxolo
yabakuchasayo.

Iindumiso 75

UThixo umgwebi

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe ka-Asafu; liculo; liculwa ngathi leliya lithi: "Uze ungatshabalalisi."

1Ngxatsho ke, siyakubulela, Thixo! Siyalibabaza igama lakho ngenxa
yemisebenzi yakho emangalisayo.

2"Ngexesha endilimisileyo ndiya kugweba ndingakhethi buso.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Lakuhexa ihlabathi nabemi balo iintsika zalo zomelezwa ndim.

4Kwabazingcayo ndithi: ‘Kahleni ngamabhongo.’ Kwizikhohlakali ndithi: ‘Sanukuqholosa.’

5Yahlukanani nokuzigqatsa; kuyekeni ukubhobhoza.”

6Unyuselo aluveli empuma nasentshona, lungaveli nasentlango.

7Kaloku nguThixo ogwebayo: uyamthoba lo, amnyuse lowa.

8 UNdikhoyo uphethe indebe ngesandla, iphuphuma ingqumbo ebilayo; ubarhabulisa kuyo abagwenxa, boyisela bafince nentlenge.

9Kodwa ndohlala ndimncoma njalo-njalo; ndiya kumemelela ndibonga uThixo kaYakobi.

10Abagwenxa ndiya kubaphul' iimpondo; ndiluphakamis' uphondo lwamalungisa.

Iindumiso 76

UThixo umrhwaqelisi wezikumkani

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe ka-Asafu; liculo; likhatshwa ngezeengcingo.

1UThixo uyaziwa kwaJuda; igama lakhe lidumile kwaSirayeli.

2IseJerusalem indlu yakhe; ikhaya lakhe liseZiyon.

3Wazikroboza iintolo namakhakha, amakrele nezikrweqe zemfazwe.

4Kambe wena uyamangalisa ngokuqaqamba, ubalasele kuneentaba eziyokoyoko.

5Amagorha uwahluthe amaxhoba; amajoni alala undolala, akabi nako ukuzisebenzisa izikrweqe.

6Uthi nje wakukhalima, Thixo kaYakobi, amahashe nabawakhweleyo babe zizigede.

7Awu, uyamangalisa kambe! Ngubani onokujongana nawe wakuvutha umsindo wakho?

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Wena wagweba usemazulwini, ihlabathi latsho lakhwankqiswa.

9Ngokuya wena wawisa isigwebo sokusindisa abacinezelwa behlabathi.

10Ngenene ngomsindo wakho uyadunyiswa; abasindileyo kuwo bayayaleka.

11Zifezekiseni izithembiso zenu kuNdikhoyo uThixo; abamngqongileyo mabezise izithabathaba barhume kulowo ufanele ukoyikwa,

12kulowo unqamla umoya wamatshawe, ewe, kumrhwaqelisi wezikumkani zehlabathi.

Iindumiso 77

Intuthuzelo yamaxesha eenzima

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe ka-Asafu kuJedutun.

1Ndiyakhwaza, ndibhekisa kuThixo; ndikhala kuye, ukuba andiphulaphule.

2Ngomhla wenkathazo ndibhenela eNkosini; ebusuku ndiyazingisa, ndiziphakamisela kuyo izandla, umoya wam ungavumi ukuthuthuzeleka.

3Ndakucinga ngoThixo, ndiba nesingqala; ndakucamngca, uyatyhafa umoya wam.

4Andisabazi nobuthongo; ndixakwe nakukuthetha ziinkathazo.

5Hay' imihla yamfamlibe; ndikhumbul' iminyaka yamandulo.

6Ebusuku ndidliwa ngumva-ndedwa; ndiyacamngca ndiyicikida intliziyo yam, ndisithi:

7“Ngaba yondilahla kuphele iNkosi, ingaze ibuye indamkele?

8Ngaba lutshitshile na uthando lwayo? Sibhangile na isithembiso sayo?

9Selekulibele na uThixo ukubuya ngetarhu? Ngaba umsindo wakhe uluvalile uvelwano?”

10Ndide ndithi: “Nantsi eyona indixhelayo: kukunqamka kwamandla kaPhezukonke.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Ndikhumbula izenzo zakho, Ndikhoyo; ewe, ndicinga ngemimangaliso yamandulo.

12Ndicamngca ngemisebenzi yakho; ndetyisa izenzo zakho ezikhwankqisayo.”

13Hayi ke beth' ubunyulu bukaThixo! Thixo wuphi ofana noThixo wethu?

14Wena unguThixo owenza imimangaliso; amandla akho abonakele phakathi kwabantu;

15Wabakhulula ngamandla akho abantu; ewe, nditsho oonyana bakaYakobi nabakaJosefu.

16Uthi wakuvela wena, Thixo, arhwaqel' amanzi, nenzongonzongo yolwandle ingcangcazele.

17Amafu wona atsho avuz' amanzi, isibhakabhaka sona sagragrama, imibane yona yaphithizela.

18Izithonga zeendudumo zazihamba nezaqhwithi, imibane yalikhanyisa lonke ihlabathi, umhlaba wangcangcazela wanyikima.

19Wena wadabul' ulwandle, wacand' amanzi anzongonzongo. Ke wona umkhondo wakho awufumaneki.

20Wabakhokela njengomhlambi abantu bakho ngesandla sikaMosis noAron.

Iindumiso 78

UThixo nabantu bakhe

Umbongo ka-Asafu.

1Khaniyibekel' iindlebe, mawethu, imfundiso yam; khanindiph' iindlebe ndithethe.

2Ndiza kuthetha nani ngemizekeliso; ndiza kuphokoz' iintsonkotha zamandulo.

3Ndixel' izinto esazivayo nesizaziyo, izintw' esazixelelwa ngoobawo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Asinako ukubafihlela abantwana babo, koko sozibhengeza kwizizukulwana
ezizayo: imisebenzi emihle kaNdikhoyo namandla akhe, ewe, nditsho
nemimangaliso ayenzileyo.

5Wamisela umthetho kwaYakobi, wanikela imimiselo kwaSirayeli;
wabanqonqozisa ngayo oobawo, ukuze bafundise abantwana babo,

6khon' ukuze ziyazi izizukulwana ezizayo, ewe, nditsho nabangekalibon'
ilanga. Bona ke bayigqithisele kubantwana babo,

7ukwenzela ukuba bakholose ngoThixo, bangaze bayilibale imisebenzi yakhe,
koko bayithobele imimiselo yakhe;

8ewe, bona bangafuzi ooyise, isizukulwana esineenkani nesigwilikayo, abantu
abantliziyo zibhetyebhetye, abangazange banyaniseka kuThixo.

9AmaEfrayim axhoba ngeentolo, engàxhob' ef' amacala, kodwa aswantsula
ngomhla wedabi.

10Akawuthobelanga umnqophiso kaThixo, asuka ala ukuhamba
ngokomthetho.

11Suke ayilibala imisebenzi yakhe, imiqondiso awayewabonise yona.

12UThixo wenza imimangaliso phambi kooyise, eJiputa kumathafa aseZowan.

13Walahlula-hlula ulwandle, bawela, amanzi aba yinduli ngapha nangapha.

14Wabakhokela ngelifu emini, ebusuku wabakhokela ngomlilo.

15Waqhekeza amawa entlango, basela amanzi ampompozayo.

16Wavelisa imithombo elulwalweni, amanzi aqukuqela ngathi yimilambo.

17Kodwa baphindelela ukona, bavukelana naye uPhezukonke entlango.

18Bamvavanya ngabom uThixo ngokubiza ukutya ababekubawela.

19Baphoxisa ngoThixo bathi: “Angakuthatha phi na ukutya apha entlango?

20Ewe, waliqhekeza iliwa, antyunty' amanzi, kwaza kwagqobhoza imilambo.
Ewe, makasinik' isonka kaloku, abaph' inyama abantu bakhe.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21Akuyiva le nto uNdikhoyo wacaphuka, waza wamlenya ngomlilo uYakobi.
Ewe, wanoburhalarhume kuSirayeli,

22kuba bengakholosanga ngoThixo, bengathembanga ukuba angabasindisa.

23Kambe ke wayalela isibhakabhaka, zaza zavuleka iingcango zezulu,

24yaza imana yawa njengemvula, wabanika batya ukutya kwaphezulu.

25Ewe, abantu batye ukutya kwezithunywa zezulu, baza batya bada bahlutha.

26Wathumela umoya wasempuma wabhudla, ngamandla akhe wavusa umoya
wasezantsi.

27Wabathobela inyama, kwangathi sisivungu-vungu; inyambalala yeentaka
ezingangentlabathi yolwandle

28waziwisa apho babemise khona, ewe, zajikeleza iintente zabo.

29Abantu batya bada bahlutha; kaloku wabanika loo nto babeyifuna.

30Kanti ke bathe bengekadikwa, besaxakekile besatya njalo,

31suka wavutha umsindo kuThixo, wababulala abona bomeleleyo, wabageqa
abafana bakwaSirayeli.

32Nakuba kunjalo baphikelela ukona, bangenelwa kukudelela, àbakholwa.

33Waza ke wababhangisa okomphunga, imihla yabo yaphela lishwangusha.

34Akubohlwaya babuyela kuye, baguquka bazinikela kuThixo.

35Bakhumbula ukuba nguThixo inqaba yabo, bangáhlangulwa nguThixo
uPhezukonke.

36Kodwa kuloo nto yonke bamqhatha; bâthi: “Lala, gusha, ndikuchebe.”

37Zabe iintliziyo zona zikude lee kuye, bengakhange bawunanze umnqophiso
wakhe.

38Kambe ke yena uThixo waba nenceba, wabaxolela iziphoso zabo,
wazibamba akabatshabalalisa; ewe, wayewubamba futhi umsindo wakhe,
wayithomalalisa ingqumbo yakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

39Wakhumbula ukuba bangabantu, into edlula njengomoya iphele.

40Kwaba kaninzi bemvukela entlango; ewe, babemtsho abe neenzingo kwelingamiwayo.

41Baphinda-phinda ukumvavanya, bamcaphukisa oyiNgcwele kaSirayeli.

42Bamlibala àbamkhumbula ngamandla akhe, bawulibala umhla wokuhlangulwa kwabo elutshabeni.

43Abayikhumbulanga imiqondiso yakhe yaseJiputa, nemimangaliso yakhe kumathafa aseZowan,

44apho wawajika khona amanzi aba ligazi, kwayinqaba kumaJiputa ukusela emithonjeni.

45Wabathumela ngamabubu eempukane, zabangcungcuthekisa, ngokunjalo namasele abazisela imbubho.

46Izilimo zabo wazithumela ngesihlava, isivuno sabhuqwa ziinkumbi.

47Idiliya yabo wayivuthulula ngesiphango, ke wona amakhiwane wawarhawula ngeqabaka.

48Iinkomo zabo wazintlitha ngesichotho, imihlambi yabo yalenywa yimibane.

49Wasuka ke wavutha umsindo wakhe, wayivulela ingqumbo yakhe ecaphukile, wababandezela ngolunya, umkhosi wezithunywa wabatshabalalisa.

50Zange abe sazibamba, wawuvulela umsindo wakhe, akabasindisa ekufeni; ewe, wasuka wabathumela ngobhubhani.

51Wawathi qwaka onke amazibulo amaJiputa, wabageqa abaligugu neqhayiya lakwaHam.

52Kanti ke wabakhokela njengeegusha abantu bakhe, entlango wabalusa ngathi ngumhlambi.

53Wabalondoloza batsho baphelelwa ngamaxhala, kambe ke ulwandle lwaziginya iintshaba zabo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

54Wabakhokela wabasa kwelilelakhe ilizwe, entabeni awayizuza ngamandla akhe.

55Bakufika wazidudula izizwe zabhaca, abantu bakhe wabacandela umhlaba wazo, amaSirayeli athi zava ezikhundleni zazo.

56Kanti ke bamlinga bamvukela uThixo uPhezukonke; ewe, abazange bawuthobele umthetho wakhe.

57Bamvukela, bahamba ngobutshijolo booyise; basuka àbanyaniseka, àbathembeka okwesaphetha esityokololo.

58Bamcaphukisa ngokukodwa ngokunqula izithixo, bamkhweletisa ngemifanekiso ababeyinqula.

59Akuyibona le nto uThixo waqumba kangangokuba wasuka wamhlamba uSirayeli.

60Ewe, wafuduka emzini wakhe eShilo, wayishiya indlu awayehlala kuyo phakathi kwabantu.

61Wabayekela yathinjwa ityesi yomnqophiso, iqhayiya labo lemka notshaba.

62Abantu bakhe baba zizisulu zekrele, ilifa lakhe waliqwenga ngengqumbo.

63Abafana batshayelwa ngumlilo, zatsho iintombi zaphoswa ngumtshato.

64Ababingeleli bageqwa likrele, kodwa abahlolokazi babo àbalila.

65INkosi yathi khwaphuphu njengobelele, njengegorha elishushiswa yiwayini.

66Wazikhaba iintshaba zakhe, zatsho zaxabheleka umlibe.

67Wayilahla indlu kaJosefu, wayibukula indlu kaEfrayim.

68Kodwa wayichonga indlu kaJuda, intaba iZiyon ayithandayo.

69Wayakha yafana nezulu indlu yakhe; ikhaya lakhe sisimakade, linjengomhlaba.

70Wasinyula isicaka sakhe uDavide, wasiphuthuma ekwaluseni.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

71Wamkhupha ekwaluseni amatakane, wamenza umalusi wabantu bakhe,
wangumalusi kaSirayeli ilifa lakhe.

72Wabalusa ngokuzimisela nangenyameko; ewe, wabakhokela ngobuchule.

Iindumiso 79

Isicelo sokuhlangulwa kwesizwe

Umhobe ka-Asafu.

1Iintshaba ziwuhlasele umhlaba wakho, Thixo; ziyixabhele indlu yakho
engcwele, iJerusalem itsho yalinxuwa.

2Imizimba yezicaka zakho kukutya kweentaka, izidumbu zazo zityiwa
ziinyamakazi.

3Igazi lazo laphalala njengamanzi, laba ngumgxobhozo ojikelez' iJerusalem,
kungekho bani wokuzifihla.

4Sesiyintlekisa kubamelwane; bayakrwecana bephoxisa ngathi.

5Koda kube nini, Ndikhoyo? Uya kusoloko ucaphukile? Lohlala livutha
ikhwele lakho?

6Wugalele ezintlangeni umsindo wakho, kwabo bangakukhathalelanga wena,
kwizikumkani ezingakunquliyo.

7Kuba bamqwengile uYakobi, babhuqe bavuthulula konke.

8Ungasixhibi ngenxa yezono zoobawo; nceda velana nathi kuba siphelelwe.

9Khawuncede usisindise, Thixo wethu, ngenxa yesidima segama lakho.
Sihlangule usixolele amatyala ethu ngenxa yegama lakho.

10Ngani ukuba iintlanga zide zithi: “Uphi lo Thixo wabo?” Liphindezele igazi
lezicaka zakho; masikubone uzohlwaya iintlanga.

11Yive incwina yâbo bathinjiweyo; ngaloo mandla akho basindise abo
bagwetyelwe ukufa.

12Babuyisele kasixhenxe abamelwane ngenxa yezenyeliso abakuthuka ngazo,
Mhlekazi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Ke thina bantu baziigusha ozalusayo siya kukubulela njalo-njalo; ewe, soze sipheze ukukuncoma!

Iindumiso 80

Ukuthandazela ukuvelelwa kwesizwe

Kumbhexeshi-kwayara; uculwa njengalowa uthi: "Iinyibiba ziyangqina." Umhobe ka-Asafu.

1Khawubek' iindlebe, malusi kaSirayeli! Wena makhokel' uJosefu njengomhlambi, wena osesihlalweni ngakwizithunywa ezimaphiko,

2khanya kwaEfrayim nakwaBhenjamin nakwaManase; ngaloo mandla akho yiza usisindise.

3Awu, Thixo, yiba nebuyambo; velana nathi usisindise!

4 Ndikhoyo Thixo onamandla onke, koda kube nini ungayamkeli imithandazo yabantu bakho?

5Wena usondle ngeentsizi, wasiseza iinyembezi.

6Usitsho abamelwane baxhwithana ngathi; ngoku iintshaba zihlekisa ngathi.

7Awu, Thixo Somandla, yiba nebuyambo; velana nathi usisindise!

8Wena weza nomdiliya eJiputa, wazigxotha iintlanga, watyala wona.

9Walima wawulungiselela umhlaba, wamila waxanda emhlabeni wonke.

10Ithunzi lawo lafikelela ezintabeni, lawagquma amasebe emisedare.

11Amasebe awo afikelela elwandle, iingcambu zafikelela e-Efrati.

12Uludilizeleni ke uthango lwawo, abadlulayo sebegqwathula iziqhamo nje?

13Ngoku sewunqunqudwa nayingulube; iinyamakazi zizifikisela kuwo.

14Khawusivelele, Thixo onamandla onke; khawuphos' amehlo uzibonele, uwuhlangule umdiliya.

15Nditsho isebe owalityalayo, ewe, elo latyalwa zizandla zakho.

16Bawugecile baza bawutshisa; batshabalalise ngomsindo wakho.

17Kodwa ke basindise abantu bakho abayinqobo, abo uzomelezele bona.

© 1996 Bible Society of South Africa.

18Thina ke soze sabuya mva; sihlaziye saye sohlala sikudumisa.

19Awu, Thixo Somandla, yiba nebuyambo; velana nathi usisindise!

Iindumiso 81

Ingoma yetheko

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe ka-Asafu; uvunywa njengalowa wamaGati.

1Dandulukani ngovuyo, nibonge uThixo osikhuselayo; memelelani nidumise uThixo kaYakobi.

2Hlabelani nitsho ngohadi; dlobani ngoncuthu lweehapu neekatala.

3Vuthelani ixilongo ukuthwasa kwenyanga, nasekuhlanganeni kwenyanga mhla ngetheko.

4Kaloku lowo ngummiselo wakwaSirayeli, lisiko loThixo kaYakobi.

5Walenza langummiselo kwaSirayeli, mhla wahlasela elamaJiputa. Ndiva ilizwi endingaliqondiyo, lisithi:

6“Ndawothula umthwalo owawusemagxeni enu, zaxibilika iingobozi ezandleni.

7Nakhala ngomhla wengxingongo, ndanihlangula; ndaniphendula ndingabonakali ndisezindudumeni; ndanivavanya emthonjeni waseMeribha.

8“Ndathi sigqaleni isilumkiso sam, bantu bam; Sirayeli, akwaba ubuya kundiva!

9Ze ningamnquli uthixo wesinye isizwe; ongomnye eningamaziyo ze ningamnquli.

10Ndim mna Ndikhoyo uThixo wenu owanikhuphayo kwelamaJiputa; khamisani, mna ndiza kunifunza.

11“Phi ke! Abantu bam zange baphulaphule; abafunanga nokuva oku ngam.

12Ndaza ke ndabayekela kwezo nkani zabo, ukuze benze ngokuthanda kwabo.

13Ngamana nandiphulaphula, bantu bam; akwaba ubungandithobela, Sirayeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.

14Bendingazigeqayo iintshaba zakho; ewe, bendiya kuzinyhasha iintshaba zakho.

15Abamthiyileyo uNdikhoyo bebeya kushwabana, isigwebo sabo sibe ngumlibe.

16Bendiya kunondla ngeyona-yona ngqolowa, ndinanelise ngobusi obupholileyo.”

Iindumiso 82

UThixo ulawula konke

Umhobe oculwayo ka-Asafu.

1UThixo uchophele intlanganiso yoothixo; nguye olawulayo koothixo bonke;

2uthi: “Kunini nilawula ngegobe, nibabonelela abakhohlakeleyo!

3Khanilungiselele abaxakekileyo neenkedama, nibonelele iintsizana namahlwempu.

4Khanikhulule abahlelelekileyo nama-athalala; bahlanguleni abagonyamelwa zizikhohlakali.

5“Basemnyameni ombode-mbode; bayafathula njengempumputhela, nangona lona ihlabathi lizama-zama.

6Ndithi: Ewe kambe, ningoothixo; nonke ningoonyana bakaPhezukonke.

7Kambe ke niya kufa njengamntu wonke, nibhange njengamatshawe.”

8Awu, Thixo, khawulingenele ngomgwebo ihlabathi; andithi kaloku zonke izizwe zisesandleni sakho!

Iindumiso 83

Umthandazo wokuba amaSirayeli oyise

Umhobe oculwayo ka-Asafu.

1Awu, Thixo, ungathini ukuthi cwaka? Ngani ukuba wonwabe, Thixo?

2Nâzo iintshaba zakho zikuvukela. Nâbo abakuthiyileyo bephithizela.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Ewe, babenzela amayelenqe abantu bakho; badibene ngabo abo ubakhuselayo.

4Bathi: “Yizani sisibhangise esi sizwe, uSirayeli angabi sakhunjulwa.”

5Kaloku bona bathetha nto-nye, bevana ngawe ngegobe.

6Nditsho amaEdom namaIshmayeli, amaMowabhi kunye namaHagare,

7amaGebhali, ama-Amoni, nama-Amaleki, amaFilistiya nabemi baseTire.

8Angenelele nama-Asiriya, bebonke bancedisana nenzala kaLothe.

9Khawubafumanise esamaMidiyan ngomhla kaSisera noJabhin entlanjeni iKishon,

10abatshabalela e-Endore, banyhashwa batsho bangumgquba.

11Iinjengele zabo zifanise no-Orebhe noZebhe; amatshawe abo wanyhashe njengoZebha noZalmuna.

12Kaloku bona bafuna ukuwohlutha umhlaba wabantu olibango likaThixo.

13Thixo wam, baphephethe njengothuli, babe njengomququ ophetshethwa ngumoya.

14Mabatshayelwe okwehlathi lilenywa ngumlilo, okweentaba zibhuqwa ngumlilo.

15Ewe, yiba sisitshu emva kwabo, barhwaqelise ngesaqhwithi.

16Mabambatshe bade banyoshoze, ukuze badane bakulangazelele, Ndikhoyo.

17Baswantsulise, bahlale bengcungcutheka; ewe, mabafele ehlazweni.

18Mabavume ukuba nguwe wedwa onguNdikhoyo, uPhezukonke obhijel' ihlabathi jikelele.

Iindumiso 84

Ukulangazelela indlu kaThixo

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe woonyana bakaKora; uvunywa njengalowa wamaGati.

1Hay' ubuhle nokuthandeka komzi wakho, Ndikhoyo onamandla onke.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Umphefumlo wam uzele lulangazelelo; ewe, ulangazelela inkundla yakwakho, Ndikhoyo. Ndiyamemelela ndicula ngochulumacho, ndidumisa uThixo ophilayo.

3Namasomi azakhela iindlwana zawo khona; kwaneenkonjane zifumana ikhaya khona. Amathole azo ziwagcina esibingelelweni sakho, Ndikhoyo onamandla onke, wena kumkani noThixo wam.

4Hay' ithamsanqa lâbo bahlala endlwini yakho, abasoloko bentyiloza bememelela bebonga wena.

5Hay' ithamsanqa labantu abaxhotyiswa nguwe, abasoloko belangazelela ukuya eZiyon.

6Bathi xa bedlula kwelibharhileyo kutsho kugqabhuke imithombo, iimvula zokuqala zilitsho lithi thande ngamaqula.

7Baya besomelela ngokomelela, bade bavele phambi koThixo eZiyon.

8Ndikhoyo, Thixo Somandla, wuve umthandazo wam; ndiphulaphule, Thixo kaYakobi.

9Thixo, mbone ukumkani wethu; mvelele umamkele umthanjiswa wakho.

10Imini enye echithelwe kwakho, Thixo, ingaphezulu kwewaka lemihla echithwe ndaweni yimbi. Kubhetele ndibe ngumgcini-mnyango kwaThixo ndaweni yokungqendeva phakathi kwezaphula-mthetho.

11Kaloku uNdikhoyo uThixo ngumkhuseli nelanga lethu; usithi jize ngendili nangobubele. UNdikhoyo akazibandezi izinto ezintle kwabo bamthobela ngokupheleleyo.

12Hay' ithamsanqa lomntu okholosa ngawe, Ndikhoyo onamandla onke!

Iindumiso 85

Ukuthandazela inkqubela yesizwe

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe woonyana bakaKora.

1Ewe, Ndikhoyo, ulazelelele eli lizwe; uYakobi umthe jize ngendyebo nenkqubela.

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

2Ubaxolele abantu bakho ngobugwenxa babo; ubuye wazilibala izono zabo.

3Ubuye wayibamba ingqumbo yakho; uphinde wathomalala umsindo wakho.

4Yiba nebuyambo, Thixo, usisindise, ungabi sakhathazeka sithi.

5Ngani ukuba ungabi saphela umsindo wakho? Koda kube zizizukulwana ucaphukile na?

6Nceda ubuye usihlaziye, abantu bakho bagcobe ngawe.

7Maziphuphumele kuthi izibele zothando lwakho; awu, Ndikhoyo, sithi jize ngenkululeko yakho.

8Mandiweve amazwi kaNdikhoyo uThixo; kaloku uzisa uxolo kubantu bakhe, kwabo bayimilowo yakhe engajika-jikiyo.

9Ngenene usindiso lwakhe lukufuphi kwabo bamthobelayo; nobungangamsha bakhe bohlala kweli lizwe.

10Kodibana uthando nokunyaniseka, ubulungisa noxolo bulale ngengub' enye.

11Ukunyaniseka kuya kuntshula emhlabeni; ubulungisa bona boqwalasela busesibhakabhakeni.

12Ewe, uNdikhoyo wosithi jize ngenkqubela, lona ilizwe lethu libe yintombazana.

13Yena uya kukhokelwa bubulungisa; ewe, buya kumgabulela izigcawu.

Iindumiso 86

Ukuzibika

Umthandazo kaDavide.

1Khawusabele, Ndikhoyo, undilungiselele; kaloku mna ndiyimpula kalujaca.

2Ndikhusele kaloku, kuba ndiyakuthobela; sihlangule isicaka esikholosa ngawe.

3UnguThixo wam, ndibabale, Nkosi. Kaloku mna ndihlala ndikhala kuwe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Ewe, khawusonwabise isicaka sakho. Nkosi, ndiwunyusela kuwe umthandazo wam.

5Kuba wena, Nkosi, ulungile, uyaxolela; uphuphuma luthando kwabo bakholosa ngawe.

6Ndikhoyo, wuve umthandazo wam; khawundivele, ndiyakubongoza.

7Ndakuba sengxakini, ndibhenela kuwe, kuba wena uyavelana nam.

8Nkosi, kubo bonke oothixo akakho onjengawe, engekho nonemisebenzi enjengeyakho.

9Zonke izizwe owazidalayo ziya kukhahlela kuwe, Nkosi, zibonga zibabaza igama lakho.

10Kuba wena uyingangalala, uyamangalisa; ewe, nguwe wedwa uThixo.

11Khawundifundise iindlela zakho, Ndikhoyo, khon' ukuze ndinamathele enyanisweni. Ewe, ndifundise ukukuhlonela, Nkosi; ndikunqule ndingankwalambisi.

12Ndikubulela ngomxhelo wam wonke, Nkosi; Thixo wam, ndolidumisa njalo igama lakho,

13kuba ziyandimangalisa izibele zakho; undihlangule enzonzobileni yengcwaba.

14Awu, Thixo, zindivukele izibhoja. Ewe, izikrelemnqa ziyandizingela; zona azikukhathalele nganto.

15Kambe ke wena, Nkosi, unguThixo onenceba nesisa. Wena ucaphuka kade, uphuphuma uthando nokunyaniseka.

16Buya uvelane nam; khawusomeleze isicaka sakho, umhlangule unyana wesicakazana sakho.

17Ndinike umqondiso wokundazelelela kwakho, ukuze abandithiyileyo babone badane, kuba wena, Ndikhoyo, undincedile wandithuthuzela.

Iindumiso 87

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Izibongo zeJerusalem

Iculo elingumhobe woonyana bakaKora.

1 UNdikhoyo wasithi zinzi isixeko sakhe phezu kwentaba engcwele.

2Ewe, yena akaziva ngeZiyon; ingaphezu kwayo yonke imizi yakwaYakobi.

3Ewe, kuthethwa kamnandi ngawe, Ziyon, sixeko sikaThixo:

4“Phakathi kwabo bandaziyo ndibalula iJiputa neBhabheli; ewe, amaFilistiya, amaTire, namaKushe, xa ewonke aphuma eJerusalem.”

5IZiyon kuya kuthiwa ngunozala wezizwe zonke, kuba uPhezukonke uyayixhasa.

6Akuzidwelisa zonke izizwe uNdikhoyo, xa zizonke zoba ngabemi baseJerusalem.

7Iimvumi nabangqungqayo baya kuthi: “Thina singabomthonyama.”

Iindumiso 88

Ukukhalela uncedo

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe oculwayo woonyana bakaKora; umbongo kaHeman umEzra; umva-ndedwa womntu ogulayo.

1Emini ndibhenela kuwe, Ndikhoyo, Msindisi wam; nasebusuku ndizibika kuwe, Thixo wam.

2Mawuvakale umthandazo wam kuwe; ndive xa ndikhala kuwe, Thixo wam.

3Kuba ndiphahlwe ziinkxwaleko; sendimi phezu kwengcwaba.

4Ewe, sendibalelwa kubafi; akusekho yam kwaphela.

5Sendinikelwe kwabafileyo; sendifana nowoselweyo othe gangalala engcwabeni. Ndinjengâbo ungasabakhumbuliyo, abo bangasenakuncedakala.

6Undithe tywa kwelimnyama ingcwaba, ezantsi emathunjini omhlaba.

7Ingqumbo yakho indisibekele, amaza alatyuzayo andongamele.

8Undihluthe izihlobo zam ezisenyongweni; kungokunje ziyandenyanya. Ndixinekile, futhi andisenakuphuncula;

© 1996 Bible Society of South Africa.

9ndiyayengezelisa ngenxa yembandezelo. Ndikhoyo, ndikhala kuwe yonke imihla; ndiphakamela kuwe ngomthandazo.

10Imimangaliso ngaba uyenzela abafileyo na? Boze bavuke bakudumise na?

11Uthando lwakho luxelwa ngabafileyo na? Ukunyaniseka kwakho kwaziwa kwantshabalala na?

12Ngaba imimangaliso yakho yaziwa enzonzobileni na? Okanye usindiso lwakho lusebenza kwelokulibala na?

13Hayi bo! Ndikhoyo, ndibhenela kuwe; ntsasa zonke ndizibika kuwe.

14Awu, Ndikhoyo, ngani ukuba undilahle? Ngani ukuba undifulathele?

15Ndaxhwaleka ndasemngciphekweni kwandisemtsha; ndiyangcungcutheka, andisento yanto.

16Ingqumbo yakho iyandigubungela; ewe, izithonga zakho zindicim' igama,

17zindirhawula njengamanzi imini yonke, zindigubungela ngeenxa zonke.

18Undihluthe izihlobo nezizalwane zam; ngoku sendihlobene nobumnyama kuphela.

Iindumiso 89

Ingoma yamaxesha enkathazo

Umbongo kaEtan umEzra.

1 Ndikhoyo, ndiya kucula ngezibele zakho njalo-njalo; ukuthembeka kwakho ndokubhengeza kuzo zonke izizukulwana.

2Ndiya kububengeza obakho ububele ukuba soze butshitshe; ukuthembeka kwakho ukuzinzisile emazulwini.

3Kaloku wena wathi: “Ndenze umnqophiso kunye nomnyulwa wam; ndinqophisene nesicaka sam uDavide, ndathi:

4‘Ndiya kuyimisela ngonaphakade inzala yakho; ndoluxhasa ulawulo lwakho lungabi nasiphelo.’ ”

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Amazulu ababaza imimangaliso yakho, Ndikhoyo, ukuthembeka kwakho
ebandleni lemilowo yakwakho!
6Esibhakabhakeni ngubani onokulinganiswa nawe, Ndikhoyo, ingubani
kwabasemazulwini ofana nawe?
7UnguThixo ohlonelwayo kwibandla labamsulwa; umkhulu uyoyikeka
ngaphezu kwabo bonke abakungqongileyo.
8Ndikhoyo, Thixo onamandla onke, ngubani oyingangamsha njengawe?
Ngeendlela zonke uthembekile!
9Iilwandle ezinzongo-nzongo zilawulwa nguwe; wena uyawazolisa amaza
agugumayo.
10Wena wasinyhasha isilo esikhulu saselwandle; ngaloo mandla akho
wazisarhaza iintshaba zakho.
11Amazulu ngokunjalo nehlabathi lelakho; ihlabathi nako konke okukulo
kwasekwa nguwe.
12Umntla nomzantsi wadalwa kwanguwe; iintaba iTabhore neHermon
ziyakudumisa.
13Ubungangamsha bakho buyakhamnqisa; ubugorha nobukroti bakho
buyamangalisa.
14Ulawulo lwakho lusekwe ngobulungisa nolungelelwano; wena ukhokelwa
bububele nokuthembeka.
15Basethamsanqeni abantu abakubhengeza ngendumiso; ewe, Ndikhoyo, abo
basoloko bekufutshane nawe,
16abonwatyiswa nguwe imini yonke, bekudumisa ngenxa yobulungisa bakho.
17Wena uyindili yokomelela kwabo; batshatshele kuba baxhaswa nguwe.
18LikuNdikhoyo ikhaka lethu; ukumkani wethu uvela koyiNgcwele kaSirayeli.

Isithembiso sikaThixo kuDavide

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Kwamandulo wena wathetha ngombono nâbo bathembekileyo, wathi:
“Ndiyithe jize ngembasa ingangalala; ulawulo ndilunikele umfana okhethwe
ebantwini.

20Ndimfumene uDavide isicaka sam; yena ndimthambise ngamafutha
angcwele.

21Ke ngoko isandla sam soba naye njalo-njalo; ewe, uya komelezwa ndim.

22Akasoze onganyelwe lutshaba, nezibhoja soze zimthibaze.

23Ndiya kuzinyhasha iintshaba zakhe, ndibatshabalalise abo bamthiyileyo.

24Ndohlala ndimthanda, ndilithemba lakhe; ndiya kumenza ahlale
eyintshatsheli.

25Ulawulo lwakhe luya kuma ngeelwandle, luya kuthi xhaxhe ngemilambo.

26Uya kubhenela kum, athi: ‘Wena unguTata; unguThixo wam, umqolomba
ondihlangulayo.’

27Yena uya kuba yinkulu yam, abe yingangalala yookumkani behlabathi.

28Ububele bam kuye buya kuma njalo-njalo; umnqophiso wam naye soze
utshitshe.

29Ulawulo soze luphume endlwini yakhe; Ewe, lona lohlala luhleli
njengamazulu.

30“Sothi isizukulwana sakhe sakundilahla, ewe, sakuyilahla imiyalelo yam,

31ukuba sithe sayaphula imimiselo yam, asayithobela imithetho yam,

32ndisohlwaye ngoswazi, ndibakatse ngenxa yesono sabo.

33Kambe ke soze ndipheze ukumthanda, ingasoze inxaxhe intembeko yam.

34Soze ndiwutshitshise umnqophiso wam, lingasoze liwe phantsi ilizwi
endalithethayo.

35Ewe, kaloku ndafunga ubungcwele bam, ngoko ke soze ndimxokise
uDavide.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

36Indlu yakhe soze ithini nanini-nanini; ulawulo lwakhe luqiniseke njengelanga.

37Soze luthini, lunjengenyanga yona ilingqina elithembekileyo elisesibhakabhakeni.”

Isililo ngokoyiswa kokumkani

38Phi ke, ngoku umlahlile nje, wanengcwangu ngakumthanjiswa wakho?

39Uwutshitshisile umnqophiso wakho nesicaka sakho; uyohluthile naloo mbasa yakhe.

40Uzidilizile iindonga zesixeko sakhe; uzitsho zangamabhodlo iinqaba zakhe.

41Ngoku abadlulayo bayazixhwithela; uyintlekisa nakubamelwane bakhe.

42Wena uziphakamisile iintshaba zakhe; iintshaba zakhe ziyamqholosela.

43Ewe, ikrele lakho ulitsho layindunyuva; ngoku usisisulu edabini.

44Uwohluthile umsimbithi oliwonga lakhe, walubhangisa ulawulo lwakhe.

45Uyinqamle imihla yobutsha bakhe; ewe, umthe wambu ngehlazo.

Umthandazo wokusindiswa

46 Ndikhoyo, koda kube nini ufulathele – ngumlibe na? Koda kube nini ivutha njengomlilo ingqumbo yakho?

47Ndikhoyo, khawukhumbule ukuba bufutshane kwabo ubomi bam; khumbula ukungabi nto kwabo ubomi bomntu.

48Nguwuphi umntu oya kuhlala ngonaphakade, ingubani ongaliphephayo ingcwaba?

49Nkosi, zaya ngaphi izibele zakho zamandulo, nditsho ezo wazifungela uDavide?

50Nkosi, khawukubone ukungcikivwa kwesicaka sakho, ndlela le ndijijithekiswa yintlamba yoluntu ngayo.

51Ndikhoyo, iintshaba zihlekisa ngam; ewe, ziphoxisa ngaye umthanjiswa wakho naphi na apho anyathela khona.

© 1996 Bible Society of South Africa.

52Huntshu-u-u! UNdikhoyo ngowokubongwa naphakade! Makube njalo –
ewe; amen!

Iindumiso 90

ICANDELO LESINE
(IiNdumiso 90–106)
Amandla kaThixo nobulwelwe bomntu
Umthandazo kaMosis, isicaka sikaThixo.

1Usoloko ulikhaya lethu, wena Nkosi, izizukulwana ngezizukulwana.

2Zingekadalwa iintaba, ungekalenzi ilizwe nehlabathi, ubusel' ukade
unguThixo wena kwanini-nini.

3Umbuyisela kwaseluthulini umntu, usithi: “Buyela apho ubuvela khona,
mntundini!”

4Linjengemini enye iwaka leminyaka kuwe, lona liyafana nemini yezolo,
lifutshane okwexesha labalindi ebusuku.

5Uphephetheka njengephepha umntu; uphela okobuthongo, abune
njengengca,

6yona iba luhlaza kusasa, ithi kwakuhlwa ibe selintshwenyile.

7Siyaphela kaloku yingqumbo yakho, uyasigqiba umsindo wakho.

8Izono zethu zaziwa nguwe, nezifihliweyo zisekuhleni kuwe.

9Uyinqumle imihla yethu ngenxa yomsindo, yadlula ngathi kukuqhwanyaza.

10Iminyaka yomntu iba ngamashum' asixhenxe, xa ngaba womelele ibe
ngamashum' asibhozo; kodwa iza neenkxwaleko neentsizi, imihla yethu ithi
tshe iphele.

11Ngubani owaziyo umsindo wakho; ingubani oluqondayo unkwantyo oluza
nengqumbo yakho?

12Sifundise ukuyiqingqa imihla yethu, ukuze sizuze ubulumko.

13Yiba nebuyambo, Ndikhoyo; koda kube nini usifulathele? Yiba nenceba
kuthi zicaka zakho.

© 1996 Bible Society of South Africa.

14Sithululele izibele zakho kwangentseni, size sonwabe, simemelele yonke imihla yobomi bethu.

15Sithuthuzele kaloku wakuba usohlwayile; sonwabe kangangoko ubusibandezele.

16Bubonakalise ububele bakho kuthi zicaka zakho, ukuze nesizukulwana sethu sisazi isihomo sakho.

17Nkosi, Thixo, sithamsanqelise! Siphumelelise kuyo yonke imizamo yethu; ewe, yiphumelelise yonke imizamo yethu.

Iindumiso 91

UThixo umkhuseli wethu

1Lowo uhleli ekhuselwe nguPhezukonke, uhlala esemthunzini kaSomandla.

2Yena uya kuthi: “ Ndikhoyo, ungumkhuseli wam; uyinqaba yam, wena Thixo, ndiya kuthembela kuwe.”

3Kuba nguye okuhlangula emgibeni wabakugcayiseleyo nakubhubhani wesifo,

4akwambathise ngamaphiko akhe, akufihle ekhusini lakhe, kube likhaka nekhuselo lakho ukuthembeka kwakhe.

5Akuyi koyika zingozi zasebusuku, nakuhlaselwa ngequbuliso emini,

6nabhubhani wangobusuku, nasifo sigqugqisayo emini emaqanda.

7Nokuba kungawa iwaka ecaleni kwakho, neshumi lamawaka liwe likungqonge, akusayi kuchukunyiswa nto wena.

8Uya kuqwalasela ukubone ngamehlo akho ukohlwaywa kwawo amatshijolo.

9Ngenxa yokuba uthembele ngoNdikhoyo, wamenza umkhuseli wakho uPhezukonke,

10akuyi kuhlelwa bubi; akuyi kusondela nasibetho emzini wakho.

11Kaloku woziwisela umthetho ngawe izithunywa zakhe wokuba zikugcine endleleni yakho,

© 1996 Bible Society of South Africa.

12zikufunqule hleze ukhubeke elityeni.

13Wonyathela phezu kweengonyama neenyoka, unyhashe amathol' eengonyama noogqoloma.

14Ngenxa yokuba endithanda, ndomhlangula; ndimphakamise, kuba elazi igama lam.

15Akuzibika kum, ndiya kumva; ndiya kuba naye ezimbandezelweni, ndimhlangule, ndimbek' ezimbekweni,

16ndimvuze ngobomi obude, ndimbonise ukuba ndiyasindisa.

Iindumiso 92

Ingoma yombulelo

Umbongo waNgomhla woPhumlo.

1Yinto entle ukumbulela uNdikhoyo; yinto entle ukubonga igama loPhezukonke.

2Kulungil' ukubalisa ngezibele zakhe kusasa, nangokunyaniseka kwakhe ngokuhlwa,

3kuvakala uncuthu lwengoma yeentambula, nehapu itsho ngesongo sengom' emyoli.

4Kub' undivuyisile, Ndikhoyo, ngezinto ondenzele zona; ndokubonga ndinemincili ngenxa yemisebenzi yakho.

5Hay' ukubaluleka kwemisebenzi yakho, Ndikhoyo! Hay' ukuba nzulu kweengcamango zakho!

6Isidenge asinakuyazi loo nto, nesiyatha asinako ukukuqiqa:

7le yokuba amatshijolo aya kubhangiswa, nokuba selede amila njengokhula, nokuba selede aphumelela.

8Kaloku wena, Ndikhoyo, unguPhezukonke; wena unguye nanini-nanini.

9Iintshaba zakho, Ndikhoyo, zotshabalala kuphele, kananjalo abhangiswe onke amatshijolo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Undomeleze ndanga ndiyinyathi; undithe jize ngombhiyozo nolonwabo.

11Ndikubone ngala wam amehlo ukuwa kweentshaba zam; ndiyive ngezi zam iindlebe intshabalalo yâbo bandizungulayo.

12Amalungisa achuma njengesundu, akhula njengemisedare yaseLibhanon.

13Amilile emzini kaNdikhoyo; ayakhula endlwini kaThixo.

14Avelisa iziqhamo naxa selaluphele, aqhelezele omelele.

15Kutheth' ukuthi ke uNdikhoyo ulilungisa, yena ngumkhuseli wam, akukho khwiniba kuye.

Iindumiso 93

UThixo ukumkani

1 UNdikhoyo ungukumkani; uthe wambu isihomo nesithozela namandla. Ewe, ulimise zinzi ihlabathi, aligungqi.

2Isihlalo sakho, Ndikhoyo, sasekwa kwantlandlolo; wena wawukho kwanini-nini.

3Iyagquma imilambo, Ndikhoyo, ivakalisa isandi sayo; iyavakala imigqumo yayo.

4UNdikhoyo yingangalala yaphezulu; unamandla kunamaza alephuzayo, nangaphezu kwamaza agqumayo.

5Imiqondiso yakho ayiguquki, Ndikhoyo; iyingcwele ngenene indlu yakho, Ndikhoyo, kuya kuda kube nini-nini.

Iindumiso 94

UThixo umgwebi woluntu

1 Ndikhoyo, Thixo ongumgwebi, wena Thixo ophindezelayo, zibonakalise.

2Lamla, wena mgwebi woluntu; babuyekeze kwangezitya zabo abantw' abazingcayo!

3Koda kube nini na, Ndikhoyo, koda kube nini kakade esivuyelela amatshijolo?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Koda kube nini eqhayisa; koda kube nini ezidla ngokungcola kwawo?

5Ayababulala abantu bakho, Ndikhoyo; ayawucinezela umzi wakho amatshijolo.

6abandezele abahlolokazi neenkedama, abulale nabantu basemzini.

7Ade athi: “Akaboni nto uNdikhoyo; akaqondi konke uThixo kaYakobi.”

8Lumkani, bantundini bazizidenge! Noda niqiqe nini, zityhifilindini?

9Nithini? Nithi uThixo owadala iindlebe akeva? Nithi lo wenza amehlo enu akaboni?

10Lo ulawula zonk' iintlanga nithi akanakuzohlwaya? Lo ufundise abantu nithi akazi nto?

11Ulogocagoca iingcinga zabantu, uyazi ukuba zibubuvuvu nje bodwa.

12Unoyolo lowo uyalwa nguwe, Ndikhoyo; nditsho ofundiswa nguwe umyalelo wakho.

13Umnika inzolo ngemihla yobubi, lo gama amatshijolo ombelwa umhadi.

14Kaloku akayi kubafulathela abantu bakhe uNdikhoyo; akasoze ayilahle indlu yakhe.

15Kobakho ubulungisa ezinkundleni, abulandele onke amalungisa.

16Azi, ngubani owondilwela kumatshijolo? Yoba ngubani na ongakum?

17Ukuba bendingancedwanga nguNdikhoyo, ngesele ndikwantsonga-nyawana.

18Xa ndandisendisithi ndiyoyisakala, wandixhasa ngezibele zakho wena, Ndikhoyo.

19Xa ndandinxubile, ndixhalabile, wandithuthuzela, wandonwabisa wena.

20Akunabudlelana nabalawuli abakhohlakeleyo, bona bayenza umthetho intswela-bulungisa.

21Bayalihlanganyela ilungisa bona, bamgwebele ukufa umnt' engenatyala.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22Kodwa ngumkhuseli wam yena uThixo; yinqaba endizimela ngayo.

23UNdikhoyo wobohlwaya ngenxa yenkohlakalo yabo, batshabalalele kobo bugwenxa babo; wobabhangisa kuphele tu uThixo.

Iindumiso 95

Ingoma yokubonga

1Yizani sombelele uNdikhoyo, simculele sigcobile umkhuseli nomsindisi wethu!

2Masiye kuye sinombulelo, simombelele iingoma zokubonga.

3Kaloku uNdikhoyo nguThixo onamandla, ngukumkani omkhulu kwizithixo zonke.

4Lisesandleni sakhe ihlabathi liphela; iinzulu neencopho zilawulwa nguye.

5Ulawula ulwandle kuba walwenza; nomhlaba wawudala ngezandla zakhe.

6Yizani siqubude simnqule, siguqe phambi koNdikhoyo umdali wethu,

7kuba yena nguThixo wethu. Thina singumhlambi awalusayo, iigusha ezondliwa nguye. Namhla liveni ilizwi lakhe elithi:

8“Musan' ukuba neenkani, njengookhokho benu eMeribha, njengemihla yaseMasa entlango,

9apho bandilingayo, naxa babezibona izinto endandibenzela zona.

10Iminyaka emashumi mane bandikruqula, ndada ndathi: ‘Hay' ukungeva kwabo; abayithobeli imiyalelo yam.’

11Ngoko ke ndafunga ngomsindo, ndathi: ‘Abasoze bangene ekuphumleni kwam.’ ”

Iindumiso 96

IKumkani yeekumkani

(1 Gan 16:23-33)

1Mombeleleni ingoma entsha uNdikhoyo! Mombelel' uNdikhoyo, hlabathi lonke!

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Mombelelen' uNdikhoyo, nibonge igama lakhe; zivakaliseni mihla le iindaba zakhe zosindiso.

3Zibaliseleni ngesihomo nesithozela sakhe iintlanga; zixeleleni ngemimangaliso ayenzileyo zonke izizwe.

4Kaloku yingangalala uNdikhoyo, ufanelwe yimbeko enkulu; ufanelwe kukoyikwa ngaphezu kwezithixo zonke,

5kuba yimifanekiso nje izithixo zeentlanga, kodwa yena uNdikhoyo wadal' oomazulu.

6Yena unobungangamsha nesithozela; kukho isihomo nendili apho akhoyo.

7Mbongeni uNdikhoyo, nina bemi bomhlaba; mbongeni kuba unewonga namagunya.

8Mnikeni imbeko efanele igama lakhe; sondezani amadini, ningene endlwini yakhe.

9Mnquleni uNdikhoyo, yena unesihomo nesithozela; malingcangcazele lonk' ihlabathi phambi kwakhe.

10Zixeleleni iintlanga ukuba uNdikhoyo nguKumkani; nguye olizinzisayo ihlabathi, aliyi kugungqa; nguye oya kubagweba ngobulungisa bonke abantu.

11Gcobani, mazulu, lichwayite ihlabathi; gquma, wena lwandle, nako konke okwakho;

12makayeyezele amadlelo nezinto ezikuwo; mayombele imithi emahlathini;

13kuba uyeza uNdikhoyo; uza kuligweba ihlabathi, alilawule ngobulungisa, azigwebe ngokomthetho izizwe.

Iindumiso 97

UThixo ulawula konke

1Ngukumkani uNdikhoyo, uyalawula; malichwayite ke ngoko ihlabathi, nani ziqithi vuyani!

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Ugqubuthele ngentshinyela yelifu, nesithokothoko sobumnyama simsithile;
ngukumkani ogweba kakuhle, ngobulungisa.

3Kulephuz' umlilo ngaphambi kwakhe, uzitshise macal' onke iintshaba zakhe.

4Imibane yakhe imenyezela kutsho kukhany' ehlabathini; batsho
bangcangcazele kukoyika bakuyibon' abemi balo.

5Zitsho zinyibilik' iintaba phambi koNdikhoyo, zixel' umthwebeba; nditheth'
ingangalala yehlabathi liphela.

6Sibonakalis' ubulungisa bakhe isibhakabhaka, ze zonk' iintlanga ziluqond'
udumo lwakhe.

7Bahlala bedana bonk' abanqula imifanekiso; nditshw' abo baqhayisa
ngemifanekiso eqingqiweyo; kuba zonk' izithixo zikhahlela kuNdikhoyo.

8Beva, bavuya abantu baseZiyon, nezixeko zakwaJuda zachwayita, ngenxa
yezigqibo zakho, Thixo.

9Kuba wena, Ndikhoyo, uyingangalal' ehlabathini; uyingqonyela yazo zonke
izithixo.

10Nina bamthandayo uNdikhoyo, buthiyeni ububi; kaloku yena uyabagcina
abantu bakhe, abahlangule esandleni sabantw' abakhohlakeleyo.

11Ilitha lokukhanya lithe thaa phezu kwamalungisa; banemincili abantw'
abantliziyo zinyulu.

12Gcobani nonke malungisa, nibulel' uNdikhoyo ngezintw' ezintl' anenzele
zona.

Iindumiso 98

UThixo ingqonyela yehlabathi

Umhobe.

1Mombelelen' ingoma entsha uNdikhoyo, kuba unenzele izinto ezintle. Kaloku
woyisile ngamandla akhe nangegunya lakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2UNdikhoyo ulutyhilile usindiso lwakhe, wabuveza ezintlangeni ubulungisa bakhe.

3Wasigcina isithembiso sakhe kumaSirayeli. Uthe ngcembe ngezibele nangentembeko; lwabonwa ngumntu wonk' ehlabathini uloyiso lukaThixo wethu.

4Mombeleleni ngemihlali uNdikhoyo, nonke hlabathi! Dandulukani, nimemelele, nivum' imibongo!

5Mbongeni uNdikhoyo ngesandi sengoma yehapu; mbethelen' uncuthu lwengoma ngehapu.

6Bethan' amaxilongo, kukhal' isigodlo, nenz' intshol' emnandi phambi koNdikhoyo ukumkani.

7Gquma, wena lwandle, nako konk' okukuwe; nawe hlabathi, hlabel' ingoma!

8Bethan' izandla, milambo; nani zinduli, mombelelen' uNdikhoyo!

9Kuba uza kuligweb' ihlabathi, alawule konke ngobulungisa, engenamkhethe.

Iindumiso 99

UThixo yingangalala

1 UNdikhoyo ngukumkani, uyalawula; mazimnike imbeko izizwe! Ungqendeve esihlalweni engqongwe zizithunywa ezimaphiko; malingcangcazele ihlabathi!

2UNdikhoyo yingangalala eZiyon; ngumlawuli wazo zonk' iintlanga.

3Malidunyiswe ngumntu wonk' igama lakhe elindilekileyo! Kaloku yena nguyedwa okhethekileyo.

4Wena kumkani, ngangalala, mthandi wokulungileyo; nguwe owezisa ubulungisa kwaYakobi, wawis' izigwebo kakuhle ungenamkhethe.

5Mbongeni uNdikhoyo uThixo wethu; zikhahleleni ngasezinyaweni zakhe. Kaloku yena unobungangamsha.

© 1996 Bible Society of South Africa.

6UMosis noAron yayingababingeleli bakhe; uSamweli yayingomnye wababemnqula; bonke bazibika kuNdikhoyo, wabeva.

7Wayethetha nabo ekwintshinyela yelifu, kuba babeyithobela imiyalelo nemithetho yakhe.

8Ewe, Ndikhoyo, Thixo, wabeva abantu bakho; wababonisa ukuba unguThixo oxolelayo, kodwa ukwangoyohlwayayo intw' embi.

9Mbongeni uNdikhoyo uThixo wethu. Mnquleleni entabeni yakhe eyodwa! Kaloku ungcwele uNdikhoyo uThixo wethu.

Iindumiso 100

Ingoma yokubonga

Umhobe wokubulela.

1Mombeleleni uNdikhoyo, nonke hlabathi!

2Mnquleni uNdikhoyo nivuya, nize kuye nisombela iingom' ezimyoli!

3Yazin' ukuba uNdikhoyo nguThixo; nguye owasidalayo, yaye singabakhe, singabantu bakhe, singumhlambi wakhe.

4Ngenani nibulela emasangweni akhe; ngenani ngeendumiso endlwini yakhe; mbuleleni, nidumise igama lakhe!

5Kaloku lilunga uNdikhoyo; izibele zakhe ziya kuhlala zihleli, ahlale ethembekile kude kube nini-nini.

Iindumiso 101

Ukuzimisela kokumkani

Umhobe kaDavide.

1Igwijo lam lingentembeko nokulunga; ndiya kukombelela lona, Ndikhoyo.

2Ndisoloko ndikuhlonela; woda ufike nini na, Mhlekazi? Ndohlala ndimsulwa emzini wam;

3andisayi kumelana nobutshijolo. Ndizithiyil' izimilo zabangahloneli Thixo; andihambisani nazo mpela.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Andiyi kungathembeki; andiyi kusondela ebubini.

5Ndomlumkela umnt' onentlebendwane, ndingalinyamezeli ikratsha negumasholo.

6Ndobamkela abahlonela uThixo kwibhotwe lam, amagosa am abe ngabantw' abathembekileyo.

7Akukho mkhohlisi uya kuba semzini wam, naxoki liya kuhlala apho ndikhoyo.

8Ndowatshabalalisa rhoqo onke amatshijolo elizweni, ndibagxoth' abantw' abagwenxa emzini kaNdikhoyo.

Iindumiso 102

Umthandazo womntu osebunzimeni

Umthandazo womntu osebunzimeni ophalaza intlungu yakhe kuNdikhoyo.

1Ndikhoyo, wuve umthandazo wam, nesikhalo sam masifike kuwe!

2Sukundizimela xa ndisebunzimeni; ndiphulaphule undive kamsinya ndakukhala.

3Imihla yam ithe shwaka okomsi; ndiyathuthunjelwa ziingqaqambo.

4Ndixusheke ndada ndalityéba; senditsho ndaphelelwa nangumdla wokutya.

5Ndiyagcuma kukugula; andibhitye nditsho ndangamathambo.

6Ndifana nesikhova enkangala; ndinjengesihulu-hulu senxiwa.

7Ndilal' obentaka kukumana ndiphuthelwa; ndifana nentak' ehleli yodwa exhantini.

8Ziyandigxibha yonk' imini iintshaba zam; ziphoxisa ngam, ziqalekisana ngegama lam.

9Ndinesingqala, ukutya akuvumi kuhla; intw' endiyiselayo seliziinyembezi zam.

10Loo ntw' ibangwa yingqumbo nomsindo wakho; kaloku wena undifunqule wandilahla kwesinomhlwa.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Seligqithe njengamathunz' okuhlwa imihla yam; selide yabuna okwengca elahliweyo.

12Kodwa wena, Ndikhoyo, uya kulawula kude kube ngunaphakade; ziya kubalisa ngawe zonk' izizukulwana.

13Uya kuhlabeka, uyisizele iZiyon; ewe, ixesha lokuyenzel' inceba selifikile, seligalelekile.

14Ziyayithand' izicaka zakho, naxa seliziindonga nje; ziyahlabeka xa ziyibona selingamabhodlo iZiyon.

15Zolihlonel' igama likaNdikhoyo zonk' iintlanga, neekumkani zonke zisibeke isihomo sakhe.

16Kuba kaloku uNdikhoyo woyivusa iZiyon, sicace ke isidima nesithozela sakhe.

17Uyawuva umthandazo weendwayi, azisabele nezicelo zazo.

18Le mbali mayibhalelwe isizukulwana esizayo ze bamdumise uNdikhoyo nâbo bangekazalwa.

19Kaloku wakhangela phantsi yena ephezulu uNdikhoyo, nditsho uNdikhoyo esesibingelelweni sakhe; wajong' emhlabeni esezulwini yena,

20ukuze akuve ukuncwina kwababanjiweyo, nokuze abakhulule abo bagwetyelwe ukufa.

21Yiyo ke loo nto baya kuyivakalisa eZiyon indumiso yakhe, bambonge naseJerusalem uNdikhoyo,

22apho sukuba zihlangen' iintlanga nezizwe, zize kudumisa zinqule uNdikhoyo.

23Mna uNdikhoyo wandaphul' iimpondo ndiselula, wayifinyeza imihla yobomi bam.

24Kodwa ndazibika ndathi: “Thixo wam, sukundithatha kwangoku ndingekaluphali. “Wena uzityhutyha zonke izizukulwana;

© 1996 Bible Society of South Africa.

25ladalwa nguwe kwantlandlolo ihlabathi; enziwa nguwe nawo amazulu.

26Xa zizonke ziya kudlula, ube wena usahleli; ziya kuguga njengeempahla, uzisonge njengeengubo. Zona ziya kutshintshwa njengesambatho,

27ube wena ungaguquki, ube wena ungagugi.

28Iintsapho zethu zohlala zikhuselekile, nenzala yabo yohlala phantsi kwekhusi lakho."

Iindumiso 103

Izibele zikaThixo

Umhobe kaDavide.

1Mbonge uNdikhoyo, moya wam! Mandimbonge uNdikhoyo ngomxhelo wam wonke!

2Moya wam, mbonge uNdikhoyo, ungaze uyilibale imisebenzi yakhe emihle nanini-nanini:

3uloxolela zonk' izono zam; ulophilisa zonk' izifo endinazo;

4ulohlangula ubomi bam enzonzobileni, andambese ngezibele nangenceba;

5ulondenzel' izintw' ezintle ebomini, ndihlale ndingumqaba-qaba njengokhozi.

6NguNdikhoyo obonelela abacinezelweyo ubulungisa; ewe, nguye obagwebelayo bonke ngokungenaxanasi.

7Wamazisa icebo lakhe uMosis; wawabonisa amaSirayeli amandla akhe.

8UNdikhoyo unenceba nesisa; uqumba kade, yimvuze-mvuze enobubele.

9Kaloku akasolok' engxolisa, yaye akananqala.

10Akasohlwayi njengoko sifanelwe kukohlwaywa, engaziphindezeli ngokwezigqitho zethu.

11Kungangokuba kude kwesibhakabhaka emhlabeni ukubalasela kwezibele zakhe kwabamhlonelayo;

© 1996 Bible Society of South Africa.

12ulogxoth' izono zithi qelele kuthi njengempumalanga nentshonalanga.

13Bufana nomzali kubantwana ububele bukaNdikhoyo kwabamnik' imbeko.

14Kaloku uyasazi into esiyiyo; uyaqonda ukuba siluthuli.

15Yen' okokwakhe umntu uyafana nje nengca: uyakhula, achume okwentyatyambo.

16Suka uvuthuze won' umoya, iphephethek' intyatyambo, ingab' ibekho kuloo ndaw' ibikad' ikuyo.

17Ke zon' izibele zikaNdikhoyo zivelela abamhloneleyo; uhlala enobubele kwizizukulwana ngezizukulwana,

18kwabanyanisekileyo kumnqophiso wakhe nabathobela imithetho yakhe.

19UNdikhoyo ungqendev' esihlalweni sakhe ebhotw' ezulwini; ulawulo lwakhe luqhakamshela ihlabathi liphela.

20Mbongeni uNdikhoyo, nina zithunywa zakhe ezinamandla; mbongeni, nina nibalasele ngokumthobela; liphulaphuleni ilizwi lakhe.

21Mbongeni, uNdikhoyo, nina mikhosi yezulu; mbongeni, nina zicaka zakhe.

22Nani zidalwa, khanimbonge nonke, kuzo zonk' iindaw' alawula kuzo. Nawe, moya wam, mbonge uNdikhoyo!

Iindumiso 104

Ukubonga uMdali

1Mbonge uNdikhoyo, moya wam! Ubungangalala bakho, Ndikhoyo, Thixo wam, buyamangalisa! Uzithe wambu ngesihomo nesithozela;

2ulowambath' ukukhanya, kwanga yingubo; ulotwabulul' isibhakabhaka, wanga wanek' intente;

3ulomis' iintsika zendlu yakhe emanzini, enze iinqwelo ngamafu, achankcathe phezu kwamaphik' omoya;

4ulowenz' imimoya izithunywa zakhe, nemiban' elenyay' ibe zizicaka zakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Zabekwa nguw' iziseko zomhlaba ze zingashuku-shukunyiswa bani.

6Wawugquma ngenzonzobil' olwandle, wang' uwambes' ingubo, atshw' amanzi azithi gqume iintaba.

7Uthe wakuwakhalimel' abaleka; zakuvakal' iindudumo zezwi lakho, aphaphathek' elatyuza.

8Ehl' iintaba neenduli, abhek' ezantsi, apho wawuthe maze aye khona.

9Kaloku wamis' imid' amanz' angegqithi kuyo, hlez' aphind' awugubungel' umhlaba.

10Ulogqabhuz' imithombo ezintlanjeni, ibaleke phakathi kweenduli,

11apho kusel' izilwanyana, nalaph' amaqwarh' athob' unxano.

12Kulapho zakhela khon' iintaka, zintyiloz' emasebeni emithi.

13Ulonkcenkceshel' iintaba ngeemvula zaphezulu; uchumil' umhlaba ziintsikelelo zakho.

14Ulontshulisel' iinkomo ingca, akhulisel' abantu izityalo, kuvel' isivuno sokutya,

15newayin' echwayitisayo, amafuth' okuthambisa, kunye nesonka sokubondla.

16Iyifumana kanobom imvula imithi kaNdikhoyo, loo mithi yemisedare awayityala eLebhanon.

17Iintaka zizakhela kuyw' iindlwana zazo, neengwamza zakhel' emikhobeni.

18Won' amatshabanqa ahlal' ezingxondorheni, ziz' iimbila zibalekele emaweni.

19Iinyanga zibalwa ngokufa kwenyanga, nelanga liyalazi ixesha lokutshona kwalo.

20Ubusuku benziwa nguwe, ukuz' izilwanyana zihamba-hambe.

21Amathol' eengonyam' ayagragram' ezingela, efuna ukuty' okuvela kuThixo.

22Ukuphuma kwelanga ziyemka zonk' izilo, ziye kulal' ezikhundleni zazo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

23Bandul' ukuphum' abantu baphangele, basebenze kude kutshon' ilanga.

24Hay' ubuninzi bezintw' ozenzileyo, Ndikhoyo! Uzenze ngobulumko xa zizonke; uzel' umhlaba zizintw' ezidalwe nguwe.

25Phaya esithabazini solwandle kukho inyambalala yezilo; kukho ezikhulu, kukho nezincinane.

26Kuhamba iinqanawa apho, kanti nomnenga udlwabiza udloba kulo, eso silw' esadalelwa loo nto nguwe.

27Zonke ezo zinto zijonge kuwe, ukuz' uzondle ngexesh' ekufuneka zitye ngalo.

28Wakuzipha ziyatya, ze wakuzondla zihluthe.

29Uthi wakuzifulathela, zoyike, zixhale; wakuwuthatha umphefumlo zife, zibuyele eluthulini.

30Wakuthumela umoya wakho ziyadalwa, butsho buvuseleleke ubuso bomhlaba.

31Masime ngonaphakade isihomo nesithozela sakho, Ndikhoyo; wanga ungakonwabisa umsebenzi owenzileyo.

32Wena uthi ungawujonga nje ube selungcangcazela umhlaba, uzichukumis' iintaba zitsho ziphum' umsi.

33Ndomombelel' uNdikhoyo lo gama ndisaphilayo, ndimbong' uThixo wam lo gama ndisadl' ubomi.

34Wanga angavuyiswa ngumbongo wam uNdikhoyo, kuba yena uyandivuyisa.

35Mababhangisw' aboni ehlabathini; makangabikho konk' amatshijolo. Wena moya wam, mbonge uNdikhoyo; ewe, mbonge uNdikhoyo!

Iindumiso 105

UThixo nemilowo yakwakhe
(1 Gan 16:8-22)

© 1996 Bible Society of South Africa.

[1]Bulelani uNdikhoyo, ninqule igama lakhe, nizibalisel' iintlanga ngezintw' asenzele zona.

[2]Mombeleleni, mbongeni, zixeleni izintw' ezimangalisayo asenzele zona!

[3]Qhayisani ngegama lakhe; mabachwayite abo bamnqulayo uNdikhoyo!

[4]Lufuneni kuNdikhoyo uncedo; mfuneni aph' akhoyo ngawo onke amaxesha.

[5]Ze nizikhumbule izinto asenzele zona: imimangaliso ayenzileyo, nemithetho ayiwisileyo.

[6]Nina niyinzala yesicaka sakhe uAbraham, nilusapho lukaYakobi umnyulwa wakhe.

[7]UThixo wethu nguNdikhoyo; yeyehlabathi lonke imithetho yakhe.

[8]Akasokuwulibala naphakade umnqophiso wakhe, awawenzela izizukulwana ngezizukulwana.

[9]Ndixel' umnqophiso awawenza noAbraham, kwanesifungo asenze kuIsake.

[10]Kaloku wamnik' ummiselo uNdikhoyo uYakobi, wamnik' umnqophis' ongasoz' uphel' uSirayeli,

[11]esithi: “Wena ndokunik' umhlaba waseKanana, ube sisabelo selifa lakho.”

[12]Babengabantw' abambalwa nje, bengazelwe nto; babengabaphambukeli kuphela nje kuloo mhlaba.

[13]Babebhadula kumazwe ngamazwe; besuka kolunye ulawulo baye kolunye.

[14]Kodwa uThixo akavumanga ukuba batsaliswe nzima; ude wazohlwaya neekumkani ngenxa yabo.

[15]Watsho esithi: “Ze ningabachukumisi abathanjiswa bam, ningakhe nibenzakalise abashumayeli bam.”

[16]Ekubeni evelise indlala elizweni labo uNdikhoyo, nokutya kwabo wakuphelisa mpela,

[17]wabathumela uJosefu wabandulela, wathengiswa waba likhoboka.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

18Amaqatha akhe adliswa ngamatyathanga, waminxwa nasemqaleni ngamakhamandela,

19lada lazaliseka ilizwi awayelithethile, ilizwi likaNdikhoyo lamngqinela.

20Ikumkani yamhlangula, umlawuli wezizwe wamkhulula,

21yamenza intloko yomzi wayo, yamnika igunya lokulawula konke okwayo,

22yamnika iwonga kunamaphakathi ayo, kwanegunya lokuqeqesha bonke ooceba bayo.

23Naye uYakobi waya eJiputa, waba ngummi elizweni lakwaHam.

24UNdikhoyo wabanika inzala eninzi abantu bakhe, wabanika amandla kunababandezeli babo.

25Wawafaka intiyo amaJiputa, ukuze azikhohlise izicaka zakhe.

26Emva koko uthumele uMosis isicaka sakhe kunye noAron umnyulwa wakhe.

27Babonakalisa imiqondiso yamandla kaThixo, benza nemimangaliso eJiputa.

28UThixo wezisa ubumnyama emhlabeni, kuba engalivanga amaJiputa ilizwi lakhe.

29Amanzi emilambo ajika aligazi, zafa zaphela nezo ntlanzi zabo.

30Axhuma-xhuma amaxoxo kwelo lizwe, angena nkqu nasemagumbini ekumkani.

31Watheth' uThixo, kwavela ibubu leempukane, nebubu lezibawu zalityhutyha lonke elo.

32Kwawa isichotho endaweni yemvula, kwamenyezel' imiban' eyoyikekayo apho.

33Yavuthuluk' imithi yemidiliya namakhiwane, yawa yaphela imithi kweli lizwe.

34Watheth' uThixo, kwavel' iinkumbi, zatsho ngenyambalala yomqikela.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

35Zalubhuqa lonk' uhlaza lwalapho, zayibhuqa yonke imveliso yomhlaba.

36Wawabulala onk' amavela-tanci, nditheth' onke amazibulo amaJiputa.

37Wawakhupha amaSirayeli, emka epheth' igolide nesiliva, kungekho namny' ubikwa hlaba kubantu bakhe.

38Avuya amaJiputa akumka amaSirayeli; kaloku ayeselewoyika.

39Wabasitha ngelif' emini abantu bakhe, wabakhanyisela ngesithatha somlil' ebusuku.

40Bakucel' ukutya kwavel' izagwityi, wabanik' isonka esivel' ezulwini, bahlutha.

41Wavul' iliwa, ampompoza amanzi, kwavel' imisinga, yacand' enkangala.

42Kaloku wakhumbula isithembiso sakhe, esingumnqophiso wakhe noAbraham isicaka sakhe.

43Wabandulula bechwayitile abantu bakhe, abanyulwa bakhe behamba besombela.

44Wabanika amazwe ezinye izizwe, basixhamla isiqhamo sokubila kwazo,

45khon' ukuze bayithobel' imithetho yakhe, bagcine nemiyalelo yakhe. Makabongwe uNdikhoyo!

Iindumiso 106

Izibele zikaNdikhoyo kubantu bakhe

Iculo; umhobe kaDavide.

1Mbongen' uNdikhoyo! Bambani ngazibini kuba ulungile uNdikhoyo. Kaloku izibele zakhe ziya kuhlala zikho ngonaphakade.

2Ngubani onokubalisa ngezenzo ezidumileyo zikaNdikhoyo; ingubani onokumbonga ngokufezekileyo?

3Hay' uyolo lwabo bathobela imithetho yakhe; nditheth' abo bahlala besenza okulungileyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Uzundikhumbule, Ndikhoyo, xa ubonelel' abantu bakho; ungandishiyi, Ndikhoyo, xa ubahlangulayo.

5Nam maze ndiyibon' inkqubela yabanyulwa bakho, ndize ndivuye kunye nabantu bakho, ndilixhamle ibhongo neqhayiya labantu bakho.

6Nathi sone njengookhokho, sikwenzile ukungcola nobubi.

7Xa babeseJiputa oomawokhulu zange bazinanze izenzo zakhw' ezidumileyo; bazilibala izibele zakho, basuka bamvukel' uPhezukonke kuLwandl' oluBomvu.

8Kodwa wabahlangula uNdikhoyo ngenxa yegama lakhe, khon' ukuze bawaqonde amandla akhe.

9Wawis' izwi, lwaza loma qoko uLwandle oluBomvu; wabaweza kuloo nzonzobila, banga bahamb' enkangala.

10Wenjenjal' ukubakhulula esandleni sotshaba; wabahlangula kubabandezeli babo.

11Zagutyungelwa ngamanzi iintshaba zabo, akwasinda namnye kuzo.

12Bandul' ukuziqonda ke izithembiso zikaNdikhoyo, baza badomboza betyibela ngemibongo.

13Kwakamsinya bazilibala izintw' abenzele zona, benza ukuthanda kwabo bengajonge cebiso kuye.

14Entlango bangenwa kukubawa, baza bamlinga uThixo kuloo nkangala.

15Wabenzela izicelo zabo, kodwa wabathumela ngobhubhani wesifo.

16Bammonela uMosis apho entlango, nditsho naso isicaka sikaNdikhoyo uAron.

17Wavuleka wona umhlaba waginya uDatan, wagqumelela uAbhiram kunye neqela lakhe.

18Kwagqabhuk' umlilo phakathi kwabo, awabhuq' onk' amatshijolo amalangatye.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Babumba ithole eHorebhe, baza banqula kwaloo mfanekiso bawenzileyo.

20Ngale ndlela isihomo sikaThixo basinika umfanekiso wenkomo, into edla utyani.

21Bamfulathela uMsindisi wabo, kanye lo wabenzela izinto ezintle eJiputa.

22Hay' ubukhulu bezinto abenzela zona kwelakwaHam; hay' ukukhwankqisa kwemimangaliso kuLwandl' oluBomvu!

23Yiyo ke loo nto athe nge-ebabhangisile uThixo ukuba uMosis isicaka sakhe wayengabamelanga, athibaz' ingqumbo kaThixo bangatshabalali.

24Balicekisa ilizwe elihle kakhulu, kuba babengazikholelwa izithembiso zikaThixo.

25Babehlala ezintenteni bekrokra, bengawuthobeli umyalelo kaNdikhoyo.

26Wamis' isibhozo efung' esithi wobayeka bafel' aph' enkangala,

27ize inzala yab' ayichitha-chithe phakathi kweentlanga, ibe ziintsalu apho kumazw' asemzini.

28Basuka bazibandakanya nabanquli bakaBhali wasePehore, batya nokutya kwamadini ezithixo.

29Bamcaphukisa uNdikhoyo ngezenzo zabo, kwabakho ubhubhani wesifo phakathi kwabo.

30Waphakama wabangxengxezela uPineyasi, saza sathomalala isibetho eso.

31Ngale nto ke wabalelwa kumalungisa, wahlala ekhunjulwa izizukulwana ngezizukulwana.

32Nangasemithonjeni yeMeribha bamqumbisa uNdikhoyo, waba sengxakini uMosis ngenxa yabo.

33Bamcaphukisa uMosis ngangokuba wada wathetha amazwi angemahle konke.

34Abazange bazitshabalalise iintlanga njengoko babeyalelwe nguNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

35Basuka bendiselana nazo, bafunda namasiko azo.

36Banqula izithixo abantu bakaThixo, nto leyo ke yaba ngumgibe wabo.

37Babinga oonyana neentombi zabo, besenzela iindimoni amadini.

38Baliphalaz' igaz' elingenatyala, nditheth' eloonyana neentombi zabo ababebanikela kwizithixo zaseKanana; labubutyadidi ke elo zwe lelo gazi.

39Benjenjalo ke ukuzixabhela; benjenjalo ukuzenyelisa bamfulathela uThixo.

40UNdikhoyo wavutha ngumsindo, waza wabacaphukela abantu bakhe.

41Wabayekela ezandleni zeentlanga, baba phantsi kolawulo lweentshaba zabo.

42Zababandezel' iintshaba, bahlala kabuhlungu phantsi kwazo.

43Kwaba kaninzi-ninzi ebahlangula uNdikhoyo, kodwa bakhetha ukungamva, beyela zwabha esonweni;

44Kambe ke wabuya wayigqala uNdikhoyo imbandezelo yabo, wabeva bakuzibika kuye;

45wazikhumbula nezithembiso zakhe kubo, waba nenceba ngenxa yothando lwakhe olukhulu,

46wabatsho basizelwa ngababandezeli babo.

47Sisindise, Ndikhoyo, Thixo wethu, siqokelele phakathi kweentlanga, ukuze sikubulele, silibonge igama lakho elingcwele.

48Makabongwe uNdikhoyo uThixo kaSirayeli kususela ngoku kude kube nini-nini! Bonk' abantu mabathi: “Huntshu!” Mawubongwe wena, Ndikhoyo.

Iindumiso 107

ICANDELO LESIHLANU
(IiNdumiso 107–150)
Ukuncoma ukulunga kukaThixo

1Mdumiseni uNdikhoyo, kuba elungile; ezakhe izibele zohlala zihleli.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Ewe, mabadanduluke batsho abasindisiweyo bakaNdikhoyo, abo abakhululeyo esandleni sotshaba;

3nditsho abo baqokelelwe kwizizwe ngezizwe, empuma nasentshona, emantla nasezantsi.

4Bambi babebhadula entlango, bengenaso isixeko sokuma bazinze.

5Ewe, babelamba benxanwa; kwakugos' okwaphukayo beyoba.

6Ke kaloku babhenela kuNdikhoyo bekhohliwe, waza yena wabakhulula kwezo ngxaki zabo,

7wabakhokela ngendlela ethe ngqo, wada wabamisa esixekweni bazinza.

8Mabambulele uNdikhoyo ngenxa yezibele zakhe ezingatshitshiyo, nangenxa yezigigaba azenzela oonyana babantu.

9Andithi kaloku uyamanelisa onxaniweyo, aze amhluthise ngokulunga olambileyo!

10Abanye babehlala esithokothokweni sobumnyama, bengamabanjwa akhonkxwe ngemixokelelwane;

11kuba kaloku bawavukela amazwi kaThixo, bawudela ummiselo kaPhezukonke.

12Babeziinxekenxeke, besebenza nzima; babezizigede, kungekho bani ubasizayo.

13Ke kaloku babhenela kuNdikhoyo besengxakini, waza yena wabakhulula kwezo nkxwaleko zabo.

14Wabakhupha esithokothokweni sobumnyama, waziqhawula iimbophelelo zabo.

15Mabambulele uNdikhoyo ngenxa yezibele zakhe ezingatshitshiyo, nangenxa yezigigaba azenzela oonyana babantu.

16Kaloku yena uyazifohloza iingcango zesinyithi, aze azikroboze izibonda zentsimbi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Bambi babencithekile ngenxa yezono zabo; ngenxa yobugwenxa babo
babexhwalekile.

18Ukutya babengasafuni nokukubona; kaloku babesebelikrobile ingcwaba.

19Ke kaloku babhenela kuNdikhoyo besengxakini, waza yena wabakhulula
kwezo nkxwaleko zabo.

20Wathetha ngelizwi, baza baphila; ewe, wabahlangula ekufeni.

21Mabambulele uNdikhoyo ngenxa yezibele zakhe ezingatshitshiyo, nangenxa
yezigigaba azenzela oonyana babantu.

22Mabenze amadini okubulela, batsholoze bemdumisa ngemisebenzi yakhe.

23Abanye babehamba elwandle ngeenqanawa; babephila kukurhweba
elwandle.

24Babeyibona imisebenzi emikhulu kaNdikhoyo; nditsho imimangaliso yakhe
elwandle.

25Kaloku wathetha ngelizwi, kwavel' isaqhwithi, aza ke wona amaza alatyuza.

26Iinqanawa zaphatha kunyuka, zaphatha kuzika; ke bona abarhwebi
banxuba.

27Batatazela badidizel' okwamanxila; ewe, lalixubayele bexakiwe.

28Ke kaloku babhenela kuNdikhoyo besengxakini, waza yena wabakhulula
kwezo nkxwaleko zabo.

29Wasithothisa ke isaqhwithi, aza ke amaza olwandle azola.

30Ke kaloku bachulumacha kuba kuzolile, waza ke wabafikisa kwizibuko
ababelinqwenela.

31Mabambulele uNdikhoyo ngenxa yezibele zakhe ezingatshitshiyo, nangenxa
yezigigaba azenzela oonyana babantu.

32Ngoko ke mabamncome ebandleni labakhe, bamdumise embizweni
yamadoda amakhulu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

33Ulojika imilambo ibe yinkangala, imithombo ibe ngumqwebedu.

34Ngenxa yenkohlakalo yabemi balo elichumayo ulitsho libe yintlango.

35Umajik' intlango ibe sisithabazi samanzi, elibharhileyo litsho litsits' imithombo.

36Uzimisa apho ke izilambi, khon' ukuze zime zizinze.

37Ziyalima, zizityalela izidiliya; ewe, zivuna intabalala yendyebo.

38Ngentsikelelo yakhe bazala bangayeki, neenkomo zabo zihlala zisanda.

39Suka ke bancipha ngamanani, baza ke bathobeka, ngenxa yengcinezelo, inkxwaleko, neentsizi.

40Amatshawe uwagalele ngehlazo, aba zizibhadu-bhadu zelibharhileyo.

41Ke bona abahlelelekileyo uyabonyula ezinkathazweni, abatsho bande ngokwemihlambi.

42Athi akuyibona le nto amalungisa agcobe; ke bona abangendawo baxakwe.

43Olumkileyo makazigqale ezi zinto; abantu mabaziqonde izibele zikaNdikhoyo.

Iindumiso 108

Ukucela ukukhuselwa ezintshabeni

(Ndum 57:7-11; 60:5-12)

1Awu, Thixo, ndizimisele ngokupheleleyo; ewe ngenene, andithandabuzi; ndiza kumemelela nditsholoze!

2Ndosuka ndiqubul' ihapu nekatala; ewe, ndovuka xa kumpondo zankomo.

3Ndiya kukuncoma phakathi kweentlanga, Ndikhoyo; ewe, ndokudumisa naphakathi kwezizwe.

4Izibele zakho zibalasele ezulwini; ukuthembeka kwakho kurhec' amafu.

5Awu, Thixo, zimaseka phezulu esibhakabhakeni; isidima nesihomo sakho masibe phezu kwehlabathi jikelele.

6Nceda ngamandla akho usivelele, ukuze basinde abo ubathandayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

7UThixo uthethe esesibingelelweni sakhe, wathi: “IShekem ndiyayahlula-
hlula, ngoloyiso ndiyayihlahlela; intili yeSukoti yona ndiyibenge.

8IGiliyadi yeyam, noManase ngowam; uEfrayim lelona xhadi lam; uJuda
ngumsimbithi wam.

9UMowabhi yintili yam yebhongo; ke yena uEdom ndiyambanga. EFilistiya
ndikhwaza uloyiso.”

10Ngubani onokundisa emzini oxhotyisiweyo? Ngubani onokundisa e-Edom?

11Noko usilahlile, Thixo? Akusaphumi nemikhosi yethu?

12Sincedise ezintshabeni zethu; kaloku olomntu uncedo luphuthile.

13Ukuba uThixo ungakuthi, siya kuphumelela; uya kuzinyhasha iintshaba
zethu.

Iindumiso 109

Isikhalazo somntu osengxakini

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe kaDavide.

1Thixo wam endimncomayo, ngani ukuba uthi cwaka,

2ndimangalelwa nje zizikhohlakali namaxoki? Kaloku bona bandirhintyela
ngobuxoki;

3bathetha izinto ezimasikizi ngam; bandihlasela ndingenzanga nto.

4Ndandibathanda ndibathandazela, kodwa bandibuyekeza ngokundityhola.

5Ukulunga kwam bakubuyekeza ngobubi; uthando lwam balubuyekeza
ngentiyo.

6Mmisele isibhoja lo mfo; misa ofana naye ematyaleni.

7Ematyaleni makafunyaniswe onile, nomthandazo wakhe mawumgwebe.

8Imihla yakhe mayinqanyulwe; indawo yakhe mayithathwe ngomnye.

9Abantwana bakhe mababe ziinkedama, umfazi wakhe abe ngumhlolokazi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

[10]Abantwana bakhe mababe zizibhadu-bhadu ezingqibayo; mabajikeleze bazingele ukutya nasemabhodlweni.

[11]Ombamba ulutho wanga angamthimba; amandla akhe makaxhatshazwe ngabasemzini.

[12]Ngamana akungebikho bani uvelana naye, angabikho ozisizelayo ezo nkedama.

[13]Ngamana yaphanza nenzala yakhe, igama lakhe lingaphindi likhankanywe.

[14]Ngamana wabuxhiba uNdikhoyo ububi booyise, buhlale phambi kwakhe nobubi bukanina.

[15]Ngamana wabugcina njalo uNdikhoyo obu bubi; igama lakhe malicime kuthi tu emhlabeni.

[16]Kaloku lo mntu zange abakhathalele abahlelekileyo nabaxakekileyo, koko wabadobelela abacinezelwa.

[17]Wayengumqalekisi, naye ke makaqalekiswe; zange athamsanqele, naye ke makangakuzuzi.

[18]Ukuqalekisa wayekunxiba njengempahla: makuthi nca emzimbeni njengamanzi; makugqobhozele emathanjeni njengamafutha.

[19]Ewe, makube njengengubo ayambathayo; mihla le makube yibhanti ayibhinqayo.

[20]Ndikhoyo, esi mayibe sisohlwayo sâbo bandimangalelayo, abo bathetha kakubi ngam.

[21]Kodwa ke, Mhlekazi Ndikhoyo, ndivelele ngenxa yegama lakho; ndihlangule ngenxa yezibele zakho.

[22]Kaloku ndihlelelekile, ndixakekile; futhi ke ndixhelekile.

[23]Ndithe shwaka ngokwesithunzi samarhatya; ndivuthuluke ngokwesinambuzane.

[24]Nditsho ndanengevane kukungatyi; andibhityanga, ndingumcinga!

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

25Iintshaba zam ziphoxisa ngam; zakundibona zihlunguzel' intloko.

26Khawundincede, Ndikhoyo Thixo wam; ndisindise ngokwezo zibele zakho!

27Khawubethe baqonde ukuba nguwe lo, nguwe ondihlangulayo, Ndikhoyo.

28Mabathi bendiqalekisa nje, ube wena undithamsanqela; bathi ntimfa ngehlazo abo bandihlaselayo. Mna ke sicaka mandiphuphume yimincili.

29Abandimangalelayo mabavathe ihlazo; ewe, mabalithi wambu oku komnweba.

30Ndiya kubhomboloza ndidumisa uNdikhoyo; ndiya kumncoma phakathi kwezihlwele;

31kuba yena uyamxhasa ohlelelekileyo, amhlangule kwabo bamsingela phantsi.

Iindumiso 110

UNdikhoyo nomthanjiswa wakhe

Umhobe kaDavide.

1 UNdikhoyo wathi enkosini yam ukumkani: “Hlala ngakum kweli wonga, lo gama ndikoyisela iintshaba zakho.”

2Ulawulo lwakho uNdikhoyo woluqalisa eZiyon. Ke wena zilawule iintshaba zakho.

3Amatshawe akho ozincama engaqhutywa, evethe eziyokoyoko zoloyiso, mhla wagagana notshaba lwakho. Kusasa ngejekejeke lobuthelana okombethe ulutsha.

4UNdikhoyo akayi kujika, kuba wafunga wathi: “Wena ungumbingeleli wodidi lukaMelkizedeki oya kuhlala ehleli.”

5Ke yona iNkosi ingakuwe; mhla yacaphuka iya kuzibhangisa izikumkani.

6Iya kuzingenela ngomgwebo izizwe, zitsho ziqungquluze izidumbu zabantu; ewe, iya kuzivikiva iziphathamandla jikelele.

7Ukumkani uya kusela ecaleni kwendlela; ngako ke aqingqe ethwel' indwe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Iindumiso 111

Izibongo zikaNdikhoyo

[1]Huntshu-u-u! Sithi: “Bayethe, Mhlekazi!” UNdikhoyo ndiya kumbonga ndiphelelise; ewe, ndiya kumbonga ndikunye namalungisa ebandleni lakhe.

[2]Ewe, mikhulu kambe imisebenzi kaNdikhoyo; abayilangazelelayo bayayiphicotha bayiqondisise.

[3]Imisebenzi yakhe inesidima nobungangamsha; ubulungisa bakhe buhlala buhleli.

[4]Yena uyasikhumbuza imisebenzi yakhe; uNdikhoyo unobubele enesisa.

[5]Uyabondla abo bamthobelayo; yena akawulibali umnqophiso wakhe.

[6]Abantu bakhe ubabonisile amandla akhe ngokubabèla ilifa leentlanga.

[7]Ewe, imisebenzi yakhe mihle, inyanisekile; umntu angaqamela ngemimiselo kaNdikhoyo.

[8]Ke yona iya kuhlala ihleli; yamiselwa ngentembeko nokunyaniseka.

[9]Abantu bakhe wabathi jize ngenkululeko, waza wabamisela umnqophiso ongatshitshiyo. Hay' ubunyulu nobungangamsha begama lakhe!

[10]Isiseko sobulumko kukuthobela uNdikhoyo. Abayenzayo ke le nto baba nengqiqo eyiyo. Ewe, makadunyiswe nanini-nanini!

Iindumiso 112

Uvuyo lwelungisa

[1]Aa! Bayethe, Mhlekazi! Hayi uyolo lomntu omthobelayo uNdikhoyo, oyilangazelelayo imiyalelo yakhe.

[2]Inzala yakhe iya kuba nobungangamsha elizweni; isizukulwana samalungisa sothamsanqeleka.

[3]Kweyakhe indlu yindyebo nobutyebi; uya kuhlala esenza ubulungisa.

[4]Yena uyawakhanyisela amalungisa; unjengesibane ebumnyameni, kuba unobubele, inceba, nokulunga.

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Unethamsanqa umntu onika ngesisa, lowo ungayiqhubi ngobuqhetseba imicimbi yakhe.

6Ilungisa alisoze ligungqe, laye lingasoze lilibaleke.

7Iindaba ezimbi azilirhwaqelisi; kaloku lomelele, kuba liqamele ngoNdikhoyo.

8Alitatazeli, laye lingenadyudyu, zide zoyisakale iintshaba zalo.

9Lona linezinwe kumahlwempu; liya kuhlala lisenza ubulungisa. Ewe, liyahlonitshwa, futhi linesidima.

10Abangendawo bathi bakuyibona le nto bakhathazeke; bathwal' umlomo bajijitheke bancame. Ewe, iminqweno yabo ayizi nanto.

Iindumiso 113

Ukuncoma ubulungisa bukaNdikhoyo

1Aa! Bayethe, Mhlekazi! Ewe, mbongen' uNdikhoyo, zicaka zakhe; khanityibele nibong' igama likaNdikhoyo.

2Ewe, lelokubongwa lidunyiswe igama likaNdikhoyo, kusukela kalokunje kude kube nini-nini.

3Kusukela empuma kude kuye entshonalanga uNdikhoyo makabe ngokhahlelwayo.

4UNdikhoyo ungaphaya, uzivelele zonk' izizwe; isihomo sakhe siwakrobel' amazulu.

5Yaz'ba singamfanisa nabani n' uNdikhoyo uThixo wethu, umahlal' emalandalahla kweliphezulu?

6Ngumagob' umnqonqo alengetyeke, eqwalasel' amazulu nehlabathi.

7Amahlwempu uyawaphakamisa, awavuthulul' uthuli; ewe, nabagqub' eluthuthwini uyabaphakamisa.

8Batsho bangqendeve ndawonye namatshawe; ewe, babe matwa namatshawe abantu bakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

9Nomfazi ongaphathiyo umzimasa ngomzi, atsho abe ngunobantwana onemincili. Huntshu-u-u! Bayethe, Mhlekazi!

Iindumiso 114

Umhobe wePasika

1Ke kaloku ekuphumeni kwamaSirayeli eJiputa, ewe, ekundulukeni kwendlu kaYakobi kwelasemzini,

2uJuda waba libango likaNdikhoyo, ke yena uSirayeli waba luhlanga lwakhe.

3Luthe lungabona lwaswantsula ulwandle; kanti ke yona iJordan suka yahlehla.

4Iintaba zadloba, zaxel' amankonyana; ke zona iinduli zataka-taka, zaxel' amatakane.

5Lwandle, ngani ukuba ubaleke? Jordan, ngani uhlehl' umva nje?

6Ngani ukuba zidlob' okwamankonyana iintaba? Kungan' ukub' iinduli zitaka-take okwamatakane?

7Ewe, hlabathi, khawurhwaqele, uyeza uNdikhoyo; rhwaqela phambi koThixo kaYakobi,

8umajik' ulwalwa luntywil' emanzini, inyengan' impompoz' umthombo.

Iindumiso 115

UThixo okukuphela kwakhe

1Hayi bo! Mayingabi sithi, Ndikhoyo; ewe, makudunyiswe igama lakho, ngenxa yezibele nokunyaniseka kwakho!

2Ngani ukuba iintlanga zide zithi: “Uphi na lo Thixo wabo kakade?”

3UThixo wethu usemazulwini; yena wenza loo nto ayithandayo.

4Kanti ke izithixo zabo ziyisiliva negolide; bazenza ngezandla ngokwabo.

5Ewe, zinemilomo nje, azithethi; zinawo amehlo, kodwa ziimfama.

6Nakuba zineendlebe, aziva kodwa; zineempumlo, kodwa azikwazi ukusezela.

© 1996 Bible Society of South Africa.

7Ewe, zinezandla ezifileyo; zineenyawo, kodwa azikwazi ukuhamba; imiqala yazo ayikwazi kwenza sandi.

8Ew', abenzi bazo bofana nazo, bekwanjalo nabo bonke abaqamela ngazo.

9Ke wena, Sirayeli, kholosa ngoNdikhoyo! Uluncedo nomkhuseli wakho.

10Nani, ndlu ka-Aron, kholosani ngoNdikhoyo! Uluncedo nomkhuseli wenu.

11Nabo bonke abamthobelayo uNdikhoyo mabakholose ngaye! Uluncedo nomkhuseli wabo.

12UNdikhoyo wosithamsanqelisa, kuba uyasazelelela; uya kuyithamsanqela indlu kaSirayeli, ayithamsanqele indlu ka-Aron.

13Bothamsanqeleka abamthobelayo uNdikhoyo; ewe, nditsho abancinci kwanabakhulu.

14Ngamana wanandisa uNdikhoyo, nina kunye nezizukulwana zenu.

15Ngamana wanithamsanqela uNdikhoyo ongumenzi wamazulu nehlabathi.

16Kambe ke wona amazulu ngakaNdikhoyo; ke lona ihlabathi walabela oonyana babantu.

17Abafileyo abamdumisi uNdikhoyo, bengacingi nâbo behlela kwelabathe cwaka.

18Kambe ke thina somdumisa uNdikhoyo kusukela ngoku kude kuse ephakadeni. Huntshu-u-u! Sithi: “Bayethe, Mhlekazi!”

Iindumiso 116

Osindisiweyo ekufeni ubonga uThixo

1 UNdikhoyo ndiyamthanda, kuba uyandiva; uyasabela ndakuzibika kuye.

2Njengoko endiphulaphula nje, ndobhenela kuye xa ndisadl' ubomi.

3Izabatha zokufa zandibhijela, izoyikiso zelabafileyo zandikhonkxa; latsho laxubayela ndangcungcutheka.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Ke kaloku ndabhenela kuNdikhoyo, ndathi: “Awu, Ndikhoyo, ndiyakubongoza, ndisindise!”

5Unesisa kambe uNdikhoyo, ulungile; hayi ke bethu, inceba yoThixo wethu!

6UNdikhoyo uyabakhusela abaxakiweyo; nam ndandingenamandla wandihlangula.

7Musa ukuxhalaba, mphefumlo wam, kuba uNdikhoyo undivelele.

8UNdikhoyo undihlangule ekufeni; yena undosule iinyembezi, wandikhusela andakhubeka.

9Kungoko ndihamba noNdikhoyo kweli lizwe labaphilayo.

10Ndancekelela, ndathemba, nakuba ndandisithi sendivuthulukile.

11Ekuncameni ndakhala ndathi: “Abathembekanga kambe abantu.”

12Yaz'ba ndingambuyisela ngantoni na uNdikhoyo ngezibele ezingaka andenzele zona?

13Ndothatha indebe yosindiso, ndibize igama likaNdikhoyo.

14Izithembiso zam ndozifezekisa kuNdikhoyo; ewe, nditsho phambi kwabantu bakhe.

15Ayithandeki kambe kuNdikhoyo into yokufa kwabantu bakhe.

16Awu, Ndikhoyo, ndisisicaka sakho; ewe, ndingunyana wesicakazana sakho; ndilapha nje ndakhululwa nguwe.

17Ndiya kukwenzela idini lombulelo; ewe, ndobiza igama likaNdikhoyo.

18Izithembiso zam ndozifezekisa kuye; ewe, nditsho phambi kwabantu bakhe,

19enkundleni yendlu kaNdikhoyo, kanye phakathi eJerusalem. Huntshu-u-u! Sithi: “Bayethe, Mhlekazi!”

Iindumiso 117

Izibongo zikaNdikhoyo

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

1Dandulukani nibong' uNdikhoyo, nonke nina zintlanga! Mtyibeleni nimncome, nonke nina zizwe!

2Kaloku izibele zakhe zibalasele ngakuthi; ibe ke uNdikhoyo wohlala enyanisekile kude kuse ephakadeni. Kungoko sisithi: “Bayethe, Mhlekazi!”

Iindumiso 118

Ukubulela ngenxa yobubele bukaThixo

1Mdumiseni uNdikhoyo, kuba elungile; izibele zakhe zohlala zihleli.

2Ewe, makatsho uSirayeli athi: “Izibele zakhe soze zitshitshe.”

3Ngokunjalo nendlu ka-Aron mayithi: “Ngenene izibele zakhe soze zithini.”

4Ewe, abamthobelayo uNdikhoyo mabathi: “Izibele zakhe zifikelela ephakadeni.”

5Xa ndandisebunzimeni ndabhenela kuNdikhoyo, waza yena wasabela wandihlangula.

6Andinadyudyu, kuba uNdikhoyo ungakum; okokwakhe yena umntu akanakundenza nto konke.

7Ngenene uNdikhoyo ungakum, uyandinceda; ngoko ke ndiya kuboyisa abandithiyileyo.

8Into ebhetele kukuzimela ngoNdikhoyo, kunokuba uthembele ngomntu.

9Kubhetele ukholose ngoNdikhoyo, ndaweni yokukholosa ngamanene.

10Ndakha ndarhawulwa ziintlanga, kodwa egameni likaNdikhoyo ndaziqwakanisa.

11Ewe, zazindirhawule mbombo zone, kodwa ngamandla kaNdikhoyo ndalalisa ugodo.

12Wena wakha wagutyungelwa libubu leenyosi? Hayi, zazidangazela njengomlilo wameva, kodwa ngamandla kaNdikhoyo ndaziswantsulisa.

13Zazindityhala ndaphantse ndakhahlelwa phantsi, kodwa nalapho uNdikhoyo wandinceda.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Ingoma yam namandla am nguNdikhoyo; ewe kaloku, ndisindiswa nguye.

15Nantso intsholo yoloyiso ivakala; kaloku amalungisa ayamemelela, athi: “Ubungangamsha bukaNdikhoyo bugqwesile;

16amandla kaNdikhoyo abalasele; ewe, ubungangamsha bukaNdikhoyo bugqwesile!”

17Mna andiyi kufa; ndiya kudla ubomi, ndibalise ngezenzo zikaNdikhoyo.

18Yena undohlwaye kabukhali; kambe ke akandiyekelanga ekufeni.

19Khanindivulele amasango endlu kaThixo, khon' ukuze ndingene ndidumise uNdikhoyo.

20Nali isango lokungena kwaNdikhoyo; ngamalungisa odwa angenayo ngalo.

21Ndiyabulela kuba undivile; kaloku wena ungumhlanguli wam.

22Kaloku ilitye abalidelayo abakhi laba lelona libalulekileyo lesiseko.

23Ewe, lo ngumsebenzi kaNdikhoyo; kambe ke thina uyasimangalisa.

24Namhla kunamhla, yimini kaNdikhoyo; masizonwabise sibe nemihlali ngayo.

25Sisindise, siyakubongoza, Ndikhoyo! Awu, siyatarhuzisa, Ndikhoyo; masiphumelele ngawe!

26Banoyolo abangena ngegama likaNdikhoyo; siyanithamsanqela thina sisendlwini kaNdikhoyo.

27UNdikhoyo nguThixo, usikhanyisele. Yenzani umngcelele wokubulela, niphethe amahlamvu, ningqungqe, nilijikeleze iqonga lamadini.

28UnguThixo wam, ndiyakubulela; ubungangamsha bakho, Thixo, ndiya kububhengeza.

29Mdumiseni uNdikhoyo, kuba elungile; izibele zakhe zohlala zihleli.

Iindumiso 119

Ukulunga nokuthembeka kwemiyalelo kaThixo

© 1996 Bible Society of South Africa.

1Hay' inyhweba yabantu abamsulwa; nditsho abo baziphatha ngokwemiyalelo kaNdikhoyo.

2Banoyolo abo bayithobelayo imfundiso kaNdikhoyo, abayilulamelayo ngomxhelo wabo wonke,

3abantu abangabenziyo ububi, koko abahamba endleleni kaNdikhoyo.

4Kaloku wena, Ndikhoyo, wasinika imimiselo yakho, ukuze siyithobele ngenyameko.

5Akwaba bendingachul' ukunyathela, ndiyinonophele imithetho yakho.

6Ukuba ndizibambile iziyalo zakho, andisoze ndibhaqwe lihlazo.

7Ndakusazi isigwebo sakho esingenagobe, ndiya kukuncoma ngenene nangenyaniso.

8Mna ndiya kuyithobela imithetho yakho; awu, nceda ungandilahli kuphele.

Ukuthobela ilizwi likaThixo

9Lungaziphatha kanjani ulutsha ukuze ihambo yalo ibe nyulu? Ngokuthobela ilizwi lakho.

10Ndizimisele ukukulandela ngokupheleleyo; ndincede ndingaze ndizidele iziyalo zakho.

11Ndihamba ngokomlomo wakho, khon' ukuze ndingoni.

12Awu! Bayethe, Mhlekazi! Khawundifundise imithetho yakho.

13Mna ndiya kuzibhengeza zonke izigqibo zakho.

14Kum ziluyolo izithethe zakho; zingaphezu kwabo bonke ubutyebi.

15Ndiya kucamngca ngemimiselo yakho, ndizinyamekele iindlela zakho.

16Ndiyayithakazelela imithetho yakho; soze ndilityeshele ilizwi lakho.

Ukulangazelela isigwebo sikaNdikhoyo

17Ndazelele, mna sicaka sakho, ukuze ndibudle ubomi, ndilithobele ilizwi lakho.

© 1996 Bible Society of South Africa.

18Nceda undivule amehlo, ndiziqonde iintsonkotha ezisemyalelweni wakho.

19Ndilundwendwe apha emhlabeni; ndicacisele imiqathango yakho.

20Umoya wam uhlala wonganyelwe kukulangazelela isigwebo sakho.

21Wena uyabakhalimela abaziphakamisayo; baseshweni abanxaxhayo kwiziyalo zakho.

22Ndihlambe kwizinyeliso nezigculelo, kuba ndiyayithobela imfundiso yakho.

23Nokuba zingade zindibhunge iziphathamandla, mna sicaka sakho ndiya kucamngca ngemithetho yakho.

24Kambe ke andiziva ngezithethe zakho, kuba ziyintonga yam yasekhosi.

Ukunamathela kwimfundiso kaNdikhoyo

25Awu, ndiphelelwe, ndiyimvuthuluka; ndihlaziye ngokwesithembiso sakho.

26Undivile ndakuzandlala; nceda undifundise imithetho yakho.

27Ndifundise amasolotya emimiselo yakho, khon' ukuze ndicamngce ngemimangaliso yakho.

28Iinzingo ziwuvikivile umoya wam; khawundomeleze ngokwelizwi lakho.

29Ndihlangule kuyo inkohliso; ewe, ndibabale undifundise imiyalelo yakho.

30Ndenze isigqibo sokuba ndinyaniseke; ndizimisele ukusithobela isigwebo sakho.

31Ndinamathele kwizithethe zakho, Ndikhoyo, ngoko ke mandingaphoxeki.

32Ndiya kuhamba ngokwemiqathango yakho, kuba wena uyivulile ingqiqo yam.

Ukucela ingqiqo

33Awu, Ndikhoyo, ndifundise imithetho yakho, ukuze ndihlale ndiyithobela maxa onke.

34Ndivule ingqondo, ndiwuthobele umyalelo wakho; ndiya kuwulandela ngomxhelo wam wonke.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

35Ndikhokele ngeziyalo zakho, kuba zona ziligugu lam.

36Intliziyo yam mayinxanele imfundiso yakho ndaweni yokusukelana nenzuzo yobuqhopholo.

37Ndincede ndingalibali zizinto eziphuthileyo; mandiphile ngokwenza ukuthanda kwakho.

38Idinga lakho malifezekiswe kum, mna sicaka sakho; kaloku lelâbo bakuthobelayo.

39Ndihlangule ezenyelisweni, kuba ndiyazoyika; ke zona izigqibo zakho zifezekile.

40Ewe, andiziva ngemimiselo yakho; ndihlaziye ngobulungisa bakho.

Ukuzinikezela kwimimiselo kaNdikhoyo

41 Ndikhoyo, ndibonise ububele bakho; mandiluxhamle usindiso ngokwesithembiso sakho.

42Ndiya kuba nako ke ukujongana nabandenyelisayo, kuba ndikholosa ngelizwi lakho.

43Ndincede ndiyithethe inyaniso, kuba ithemba lam zizigqibo zakho.

44Ndohlala ndiwuthobela umyalelo wakho; ewe, kude kube ngunaphakade.

45Mna ndiya kuxhamla inkululeko, kuba ndihamba ngemimiselo yakho.

46Izithethe zakho ndozivakalisa nakwizinxiba-mxhaka, kuba kaloku mna andinadyudyu,

47kuba iqhayiya lam ziziyalo zakho – andizithandi ngako, ndiphupha ngazo!

48Ndiyayihlonela imiqathango yakho, nditsho leyo ndiyithandayo; ewe, ndicamngca ngemithetho yakho.

Ukukholosa ngeziyalo zikaNdikhoyo

49Ungalilibali idinga lakho kwisicaka sakho. Andithi kaloku wandithembisa!

50Nasebunzimeni ndiyathuthuzeleka, kuba isithembiso sakho siyandihlaziya.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

51Abangakhathalele Thixo baphoxisa ngam; kambe ke mna andihexi emyalelweni wakho.

52Ndakukhumbula izimiso zakho zantlandlolo, nditsho ndithuthuzeleke, Ndikhoyo.

53Ndikhathazeka gqitha ndakubona abanxaxhayo, abo bangawukhathalelanga umyalelo wakho.

54Imithetho yakho yingoma yam; ndimemelela ngayo xa ndikwelasemzini.

55Ndicinga ngawe noba ndilele, Ndikhoyo; ewe, ndiyayithobela imiyalelo yakho.

56Ngenene mna andinakumbi, koko ndithobela imimiselo yakho.

Imimiselo kaNdikhoyo lilifa

57Ndathi ke mna: Isabelo sam nguwe, Ndikhoyo; ndiya kulithobela ilizwi lakho.

58Awu, velana nam, ndiyakubongoza; ndibabale ngokwesithembiso sakho.

59Ndiyiqondile indlela endiziphethe ngayo; ngoko ke ndibuyela kwizithethe zakho.

60Sendingxamile, andisayi kulibazisa; ndozithobela iziyalo zakho.

61Noba bangandirhintyela abakhohlakeleyo, soze ndiwulibale umyalelo wakho.

62Nasezinzulwini zobusuku ndiyavuka; ewe, ndivuka ndikudumise ngenxa yokusulungeka kwesigwebo sakho.

63Amaqabane am ngabakuthobelayo, abahamba ngemimiselo yakho.

64Ihlabathi liphuphuma izibele zakho, Ndikhoyo; nceda undifundise imithetho yakho.

Ukubaluleka kommiselo kaNdikhoyo

65 Ndikhoyo, usazelelele isicaka sakho; wenze ngokwesithembiso sakho.

© 1996 Bible Society of South Africa.

66Ndithi jize ngobulumko nokuqonda, kuba mna ndikholosa ngemiqathango yakho.

67Phambi kokuba undohlwaye ndandibhadula, kodwa ngoku ndiyalithobela ilizwi lakho.

68Hay' ukulunga kwakho, uyindlezane! Khawundifundise imithetho yakho.

69Izikhohlakali zindityabeka ngobuxoki, kodwa mna ndithobela imimiselo yakho ngomxhelo wam wonke.

70Zona zingamagumasholo angachukumisekiyo; ke mna ndithakazelela umyalelo wakho.

71Ewe, tshotsh' undohlwaye, Ndikhoyo, ukuze ndiyifunde imithetho yakho.

72Umyalelo wakho kum ubhetele kunobutyebi, nditsho nkqu nekhipha legolide nesiliva.

Izigqibo zikaNdikhoyo zinobulungisa

73Ndinje nje nje ndidalwe nguwe; ndifundise ndiziqonde iziyalo zakho.

74Abakuthobelayo bovuya bakundibona, kuba mna ndikholosa ngamadinga akho.

75Ndiyakuvuma ukufaneleka kwesigwebo sakho; ewe, Ndikhoyo, undohlwaye ngakhona.

76Ndithuthuzele ngezibele zakho, njengoko wasithembisayo isicaka sakho.

77Velana nam, ukuze ndiphile, kuba iqhayiya lam ngumyalelo wakho.

78Zona izibhoja mazihlazeke, kuba zindirhintyela ngobuqili; ke mna ndocamngca ngemimiselo yakho.

79Mabeze kum bonke abakuthobelayo, abo bayiqondayo imfundiso yakho.

80Mandingabi nabala kwimithetho yakho, khon' ukuze ndingahlazeki.

Ukucela ukuhlangulwa

81 Ndikhoyo, kuncamekile kum, ndisindise! Ithemba lam lilizwi lakho.

© 1996 Bible Society of South Africa.

82Amehlo amnyama kukujong' enkalweni; yaz'ba uya kundithuthuzela nini na?

83Andinto yanto, ndigqole oku kwentsuba yewayini esemsini; kambe ke andiyilibalanga imithetho yakho.

84Koda kube nini sinyamezele isicaka sakho? Ngani ungabohlwayi nje abanditshutshisayo?

85Abanekratshi bayandithiyela, abo bangawuthobeliyo umyalelo wakho.

86Imiqathango yakho ithembekile; nceda, nâbo bendibhijela ngobuxoki.

87Sebephantse bandicim' igama, kanti ke unotshe ukuba ndiyilahle imimiselo yakho.

88Ngenxa yezibele zakho ndihlaziye, ukuze ndihambe ngokwezithethe zakho.

Imiqathango kaNdikhoyo inemfezeko

89 Ndikhoyo, ilizwi lakho sisimakade; lithe zinzi emazulwini.

90Wena uya kuhlala uthembekile; ihlabathi walenza, soze lashukuma.

91Izigqibo zakho zohlala zihleli; iinto zonke zikhahlela kuwe.

92Ukuba bendingawulangazeleli umyalelo wakho ngezindibulele iimbandezelo.

93Soze ndiyityeshele imimiselo yakho, kuba ndibufumana kuyo ubomi.

94Mna ndingowakho, ndisindise, kuba ndiyayilandela imimiselo yakho.

95Abakhohlakeleyo bafuna ukunditshabalalisa; ke mna ndiyayetyisa imfundiso yakho.

96Ndiyaqonda ukuba ayikho into efezekileyo; ke yona imiqathango yakho ayinantanga ngemfezeko.

Imfundiso kaNdikhoyo ivul' ingqondo

97Ndiyawuthanda kambe umyalelo wakho; ndiphicothana nawo imini yonke.

98Iziyalo zakho zendele kum; zindenza ndilumke kuneentshaba zam.

© 1996 Bible Society of South Africa.

99Ndibavelele nabafundisayo, kuba ndizinonelele iimfundiso zakho.

100Ngokuqonda nditshatshele nakwabadala, kuba ndiyazithobela izithethe zakho.

101Ndiyazicezela iindlela ezinengozi, kuba ndithobela ilizwi lakho.

102Andiphambuki kwisigwebo sakho, njengoko wandifundisayo.

103Izithembiso zakho zimnandi, ziyanandipheka; ewe, ziyolile kunobusi.

104Imfundiso yakho indivul' ingqondo, ngoko ke ndibuthiyil' ubugwenxa.

Ilizwi likaNdikhoyo liyakhanyisa

105Ilizwi lakho sisibane sendlela yam; liyandikhanyisela eluhambeni.

106Ndizibophelele ngesifungo; ndiya kusithobela isigwebo sakho.

107 Ndikhoyo, ndixhwaleke ngokungathethekiyo; ndihlaziye ngokwedinga lakho.

108Ndikhoyo, wamkele umbulelo wam, undazise izigqibo zakho.

109Ubomi bam buhlala busesichengeni, kodwa andishenxi kumyalelo wakho.

110Abakhohlakeleyo bayandithiyela, kodwa andiphambuki kwimimiselo yakho.

111Imfundiso yakho lilifa lam nanini na; ewe, iluyolo entliziyweni.

112Ndizimisel' ukuyenza imithetho yakho; ewe, ndoyithobela kude kube sekupheleni.

Iziyalo zikaNdikhoyo ziyakhusela

113Ndibathiyile abantu abambaxa, kodwa ndiyawuthanda umyalelo wakho.

114Wena ulikhaka nekhusi lam; ndiqamele ngelizwi lakho.

115Khanindiyeke, nina bantu bangcolileyo, ndithobele imiqathango yoThixo wam.

116Ndixhase ngokwesithembiso sakho, khon' ukuze ndibudle ubomi; mandingadani kukufadalala kwethemba lam.

© 1996 Bible Society of South Africa.

117Ndomeleze, khon' ukuze ndisinde, ndihlale ndinonelele imithetho yakho.

118Wena ubachasile abanxaxhayo emithethweni yakho; kona ukundweba kwabo ngamampunge.

119Wena izikhohlakali uzishenxisa njengenkunkuma; ngoko ke ndiyazithanda izithethe zakho.

120Ke mna ndiziva ndikoyika; sona isigwebo sakho siyandirhwaqelisa.

Ukunyamekela iindlela zikaNdikhoyo

121Ndizithobele izimiso zakho, andinabala; sukundiyekela ngabo banditshutshisayo.

122Ndivelele undilungiselele, mna sicaka sakho; mandingaxhatshazwa zizijama-nkungwini.

123Amehlo am selenikezela, ejonge ukusindiswa, nditsho ukufezekiswa kwesithembiso sakho.

124Ndazelelele ngokokuphuphuma kwezibele zakho, undifundise imithetho yakho.

125Ndingowakho, ndiphe ukuqonda, ukuze ndizazi izithethe zakho.

126Ngoku ke kungawe, Ndikhoyo; abantu bawunyathele umyalelo wakho.

127Iziyalo zakho ndiyazithanda ngaphezu kwayo negolide yodidi;

128kungoko ndiyilandela imimiselo yakho; ke kona ukunxaxha ndikuthiyile.

Imimiselo kaNdikhoyo iyathandeka

129Imfundiso yakho ibalulekile; ndoyithobela ngomxhelo wam wonke.

130Lithi lakuchazwa ilizwi lakho kutsho kuthi qwenge; abangazi nto libanika ukuqonda.

131Ndisuka ndikhefuze ndithe nkebe, kuba ndiyazilangazelela iziyalo zakho.

132Khawuze kum undibabale, kakade wenjenjalo kwabakuthandayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

133Khawundisekele ngokwesithembiso sakho, ungandiyekeli ndonganyelwe bububi.

134Ndikhulule kwingcinezelo yabantu, ukuze ndiyenze imimiselo yakho.

135Ndivelele undazelelele, undifundise imithetho yakho.

136Ngenxa yabantu abangawuthobeliyo umthetho wakho zitsho ziphalale iinyembezi kum.

Imiyalelo kaNdikhoyo inobulungisa

137Hayi kambe ukulunga kwakho, Ndikhoyo! Ewe, isigwebo sakho asinagobe.

138Usinika imfundiso enobulungisa; ewe, inolungelelwano, ithe ngqo.

139Ikhwele lindongamele ngenxa yeentshaba ezingalikhathalelanga ilizwi lakho.

140Izithembiso zakho zivavanyiwe zagqwesa; ke mna ndizixabise gqitha.

141Nakuba ndidelekile, ndingazelwa nto, andishenxi kwimimiselo yakho.

142Ubulungisa bakho bohlala buhleli, nomyalelo wakho wohlala uthembekile.

143Ndiphahlwe ziinzima neenkathazo, kodwa ke mna andiziva ngeziyalo zakho.

144Imfundiso yakho iya kuhlala ifezekile; ndiphe ukuqonda, ukuze ndiphile.

Ukutarhuzisa

145Yo-o-o! Khawundivelele, Mhlekazi! Ke yona imithetho yakho ndiya kuyithobela.

146Ndizibika kuwe, ndikhulule; imfundiso yakho ndoyithobela.

147Ndikhala kuwe kusathi qheke ukusa; kaloku ndikholosa ngezwi lakho.

148Ndivuk' ezinzulwini zobusuku; ndicamngca ngezithembiso zakho.

149Ngenxa yezibele zakho, Ndikhoyo, sabela, undihlaziye ngokwesigqibo sakho.

© 1996 Bible Society of South Africa.

150Abandenzela amayelenqe bayasondela, bona abayikhathalelanga imiyalelo yakho.

151Kanti ke wena ukufutshane nam, Ndikhoyo, neziyalo zakho zithembekile.

152Kwantlandlolo ndizifundile izithethe zakho; zaye ke zona zisisimakade.

Ukuzicelela ukwazelelelwa ebomini

153Velana nam, kuba ndibandezelekile, undisindise, kuba andishenxi emyalelweni wakho.

154Zabalaza undihlangule; ndihlaziye ngokwesithembiso sakho.

155Kwizikhohlakali usindiso luthe qelele, kuba aziyikhathalele imithetho yakho.

156Ke wena, Ndikhoyo, unguSozinceba; ndihlaziye ngokwesigqibo sakho.

157Zininzi iintshaba nabandibandezelayo, kodwa andishenxi kwimfundiso yakho.

158Ndiyakhamnqa ndakubona abangcatshi; kaloku bona abalise so idinga lakho.

159Ndiyayithanda kambe imimiselo yakho, Ndikhoyo; ngokwezibele zakho ndazelele ebomini.

160Oyena ndoqo wodaba lwakho yinyaniso; xa zizonke izigqibo zakho soze zithini.

Ukuqamela ngommiselo kaNdikhoyo

161Iziphathamandla ziyanditshutshisa ngaphandle kwesizathu; ke mna ndiyalihlonipha ilizwi lakho.

162Izithembiso zakho ziyandonwabisa; nditsho ndifane nomntu oxhaphaza isisulu.

163Ndibuthiyil' ubutshijolo, bunezothe kum; kanti ke umyalelo wakho ndiyawuthanda.

164Lide liye kutshona ndikubulela ngenxa yokulunga kwezigqibo zakho.

© 1996 Bible Society of South Africa.

165Abathobela umyalelo wakho bahlala banelisekile; kaloku akukho nto ingabaphazamisayo.

166Ndikhoyo, ndijonge kuwe, ndisindise; kaloku ndizithobele iziyalo zakho.

167Imfundiso yakho ndiyilandela ngomoya wam wonke; kaloku andizenzi, ndiyayithanda.

168Ndiyayithobela imimiselo nezithethe zakho, kambe ke wena wazi konke ngam.

Ukucela uncedo

169Ndiyatarhuzisa; ndive, Nkosi; ndivul' ingqondo ngokwesithembiso sakho.

170Ndiyakubongoza, ndiphulaphule; ndihlangule njengoko wathembisayo.

171Ndiya kusoloko ndikuncoma, ndikubonga, kuba uyandifundisa imithetho yakho.

172Ingoma yam ngamadinga akho; kaloku iziyalo zakho zilungile.

173Hlala ulungele ukundinceda; kaloku ndizikhethele imimiselo yakho.

174Wowu! Ndiyakulangazelela ukusindiswa! Ndikhoyo, andiziva ngemithetho yakho!

175Ndiphe ubomi, ukuze ndikudumise; isigqibo sakho masindixhase.

176Ndibhadula njengegusha elahlekileyo. Awu, phuthuma usifune isicaka sakho, kuba andiyilibali imiqathango yakho!

Iindumiso 120

Ukucela uncedo

Iculo labahambi.

1Ndazibika kuNdikhoyo ndixhwalekile; yena wandiva, wasabela.

2Ndathi: “Mhlekazi, ndihlangule kumaxoki nakubakhohlisi.”

3Nithi makenze ntoni ngani uThixo? Nisalindele ntoni eyenye, maxokindini,

4ngaphandle kotolo lwemfazwe olubukhali, ngokunjalo neziko elimalahle avuthayo!

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Athi ke mna, mnt' ubhacele kwaMesheki, mna mntu uxhwarhe phakathi kwamaKedare!

6Kunini ndihlalele ukungcuchalaza phakathi koompayipheli.

7Phi ke, ndisithi nje ndakuthetha, basuke bahlab' umkhosi.

Iindumiso 121

UNdikhoyo umalusi wethu

Iculo labahambi.

1Amehlo am ndiwajongis' enkalweni; yaz'ba lovela ngaphi na uncedo lwam?

2Umncedi wam nguNdikhoyo, yena ungumenzi wamazulu nehlabathi.

3Yena wondibamba lungatyibiliki unyawo lwam; kaloku akozeli, walusa mna.

4Khangela, umalusi kaSirayeli akozeli, engalali nokulala oku.

5Kaloku nguNdikhoyo okwalusayo – nguye okwenzela umthunzi.

6Emini ilanga aliyi kukugqatsa; kanti ke nenyanga ebusuku ayinakukwenza nto.

7NguNdikhoyo ixhadi lakho lakubhek' umoya; ewe, uya kukwalusa ungachukunyiswa nto.

8Ngenene, uNdikhoyo uya kukwalusa, xa uhambayo naxa ubuyayo, kuqalela ngoku kude kube nini-nini.

Iindumiso 122

Izibongo zeJerusalem

Iculo likaDavide; lelabahambi.

1Hay' imincili endaba nayo basakuthi kum: “Masihambe siye endlwini kaNdikhoyo.”

2Naku ke ngoku iinyawo zethu zime bhuxe ngaphakathi kwamasango akho, Jerusalem.

3Ke kaloku iJerusalem yingxikela yesixeko esakhiwe sabandakanywa saba sinye.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Kulapho zityelela khona izizwe; nditsho izizwe zikaNdikhoyo. Kaloku lowo
yaba ngummiselo kumaSirayeli ukuba aye kudomboza abulele uNdikhoyo.

5Apha kulapho zikhoyo iinkundla; nditsho iinkundla zendlu kaDavide.

6Thandazani kubekho inzolo eJerusalem, nithi: “Makube yinkqubela
kwabakuthandayo, Jerusalem;

7kuwe makube chosi, kube hele, ukhuseleke umzi wakho jikelele.”

8Ngenxa yezihlobo nabalingane bam nangoku ndithi: “Makube chosi, kube
hele!”

9Kanti ke nangenxa yendlu kaNdikhoyo uThixo wethu ndiya kuzabalaza
ndikufunela intlala-kahle.

Iindumiso 123

Ukutarhuzisa

Iculo labahambi.

1 Ndikhoyo, ndikhangela kuwe, wena ohlala emazulwini.

2Kaloku namaphakathi ajonga izinwe zenkosi yawo, nanjengokuba
namaphakathikazi elindele izinwe kwinkosazana. Nathi ke senjenjalo
ukukhangela kuwe, Ndikhoyo Thixo wethu, ude wena usenzele inceba.

3Awu, Ndikhoyo, sikwa yimfesane; velana nathi, siyakubongoza! Koda kube
nini sisisigculelo?

4Ewe, kudala sinyamezele, sigxijwa ngabazingcayo, sidodotyaliswa
ngabacinezeli abanekratshi.

Iindumiso 124

UThixo uyayisindisa imilowo yakhe

Iculo likaDavide; lelabahambi.

1USirayeli makatsho athi: “Ukuba uNdikhoyo ebengekho ngakuthi,

2ewe, ukuba besingaxhaswa nguNdikhoyo ekuhlaselweni kwethu lutshaba,

3ngelusiginye sihleli ngokuya lwaluvutha ngumsindo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Ngezasitshayela iimpuphuma; ewe, umsinga ngewawusirhaxile.

5Ngesantywiliselwa, satshona lè, kuloo manzi alatyuzayo.”

6UNdikhoyo ngowokubongwa, kuba yena akasiyekelanga saba ngamaxhoba okuqwengwa.

7Thina siphuncule njengentak' esigwini; ewe, isigu saphukile, sasinda ke thina.

8Uncedo lwethu luvela kuNdikhoyo ongumdali wamazulu nehlabathi.

Iindumiso 125

Ukhuseleko lwemilowo yakwaThixo

Iculo labahambi.

1Abo bakholosa ngoNdikhoyo banjengentaba iZiyon, yona ingasoze yashukunyiswa koko izinzile ngonaphakade.

2Kwanjengokuba iintaba ziyingqongile iJerusalem noNdikhoyo wenjenjalo ukubaphahla abantu bakhe, nangoku kude kube ngunaphakade.

3Izikhohlakali soze zilawule elizweni lamalungisa, hleze namalungisa asuke enze ububi.

4Awu, Ndikhoyo, walungiselele amalungisa, abo bantliziyo zingaphambukiyo.

5Kodwa ke bona abaphambukayo babandakanye nezikhohlakali, Ndikhoyo. Makube chosi, kube hele kwaSirayeli!

Iindumiso 126

Ukucel' ibuyambo

Iculo labahambi.

1Ekusibuyiseleni kukaNdikhoyo eZiyon, ngokuya sasiphuma ekuthinjweni, kwasuka kwaba ngathi liphupha.

2Safumana sagigitheka yintsini, kwayintswahla yemincili novuyo. Zade zatsho nezizwe zathi: “Ngenene uNdikhoyo ubenzele izinto ezinkulu.”

3UNdikhoyo usincede kakhulu, ngoko ke siyavuya.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Khawusibuyisele inkqubela, Ndikhoyo, njengamanzi empompoz' entlango.

5Abo bahlwayela behlininika besezinyembezini banga bangavuna bebobotheka yimincili.

6Abo baphuma bahambe bezibambe ngeenkophe, bepheth' imbewu, besiya kuhlwayela, bobuya bedanduluka, bememelela ngemincili. Kaloku bobuya besikaza, bethwel' isivuno.

Iindumiso 127

Ukuncoma izibele zikaNdikhoyo

Iculo likaSolmon; lelabahambi.

1Ukuba uNdikhoyo akayakhi indlu, bafumana bebulaleka abayakhayo. Ukuba asaluswa nguNdikhoyo isixeko, ancam' ubuthongo ngelize amajoni alindayo.

2Ngamampunge ukuzabalaza uzam' ukuzixhasa, uvuka ngentseni, ulal' ezinzulwini, ungumaphila-kukuzenzela. Kaloku uNdikhoyo uyabaxhasa abakhe; ewe, yena ubaxhasa belele.

3Uyabona ke, oonyana lilifa elivela kuNdikhoyo; ngenene, abantwana sisipho esivela kuye.

4Oonyana bendodana bafana neentolo elixhobe ngazo ijoni.

5Hay' ukuzimaseka kwendoda enesiphampa sazo! Ayisoze yadeleka mpela, naxa ixambulisana neentshaba enkundleni.

Iindumiso 128

Inyhweba yabathobela uNdikhoyo

Iculo labahambi.

1Hay' inyhweba yomntu omthobelayo uNdikhoyo, ohamba ngokwemimiselo yakhe.

2Onjalo uyazibona iziqhamo zemisebenzi yakhe; uhlala ngokonwaba enenkqubela.

3Inkosikazi yakhe ifana nomdiliya oyokozelayo, omi ngasendlwini; abantwana bakhe bafana nezithole zomnquma ezingqonge isithebe sakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Ewe, ngenene unenyhweba umntu omthobelayo uNdikhoyo.

5Ngamana waphokoza amathamsanqa eseZiyon uNdikhoyo, ke wena uyibone inkqubela yeJerusalem ngayo yonke imihla yobomi bakho,

6ukhule ude ukhokhobe. Makube chosi, kube hele kwaSirayeli!

Iindumiso 129

Ukucela ukuhlangulwa

Iculo labahambi.

1USirayeli makabalise athi: “Iintshaba zandihlasela kwandiseyimveku.

2Ewe, zanditshutshisa kwandiselula, kodwa zange zindongamele.

3Zandixobula umqolo, ndangathi bendilinywa.

4Kambe ke yena uNdikhoyo ulilungisa; undikhulule kwiimbophelelo zabakhohlakeleyo.”

5Bonke abayithiyileyo iZiyon mababuye bephoxekile.

6Mabafane nengca entshula phezu kwendlu, yona idodobalayo ingakhuli.

7Ayide isikwe nokusikwa; futhi ayiqokelelwa ibe zizipha.

8Nabadlulayo abatsho nokutsho ukuthi: “UNdikhoyo makanithamsanqele; thina siyanithamsanqelisa egameni likaNdikhoyo!”

Iindumiso 130

Ukukhululwa esonweni

Iculo labahambi.

1 Ndikhoyo, ndiyazibika kuwe; ndikhala kuwe ndibindekile.

2Awu, Nkosi, ndive ndiyakuthandaza, usiphulaphule isikhungo sam.

3Ukuba ubuzigcina izono zabantu, Ndikhoyo, ngubani obengasindayo?

4Kambe ke wena uyaxolela, khon' ukuze uhlonitshwe.

5Ndithembele ngokupheleleyo kuNdikhoyo; ewe, ndikholosa ngelizwi lakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

6Umoya wam ukholosa ngoNdikhoyo ngenzondelelo, ngaphezu komlindi ojonge ukusa, nangaphezu komantshingilane ojong' umsobomvu.

7Sirayeli, thembela kuNdikhoyo, kuba yena unobubele, futhi yena ukhulula ngokupheleleyo.

8Ewe, yena uya kumkhulula uSirayeli kuzo zonke izono zakhe.

Iindumiso 131

Isikhungo sentobeko

Iculo likaDavide; lelabahambi.

1Awu, Ndikhoyo, mna andizigwagwisi; ngokunjalo mna andiziphakamisi. Kaloku andizixakekisi ngemicimbi ephakamileyo kunokuba ndinjalo mna.

2Kodwa ndanelisekile, ndaye ndixolile. Ndinjengosana oluthe cwaka ezingalweni zikanina; ngenene umoya wam uphuphuma ukwanela.

3Sirayeli, khawuthembele kuNdikhoyo, kususela ngoku kude kube nini-nini.

Iindumiso 132

Umhobe wendlu kaThixo

Iculo labahambi.

1Awu, Ndikhoyo, mkhumbule uDavide ngawo onke amasuka-ndihlale akhe,

2nesifungo awakwenzela sona, Ndikhoyo, eso akuthembise ngaso, Ngangalala yakwaYakobi.

3Wathi: “Andisayi kugoduka, ndingasayi kulala,

4ngenene andisoze ndiwavale amehlo, ndingasoze ndibuthurhe ubuthongo,

5ndingamakhelanga umzi uNdikhoyo, nditsho ikhaya lengangalala kaYakobi.”

6Ewe, seva ngaloo mnqophiso e-Efrata, sagagana nawo kumathafa aseYeharim, sathi:

7“Masiye kuye ebhotwe; masiye kumnqula simkhahlele.”

8Ndikhoyo, khawuye endaweni yakho yokuphumla, wena ndawonye netyesi yomnqophiso; nditsho leyo ingumqondiso wamandla akho.

© 1996 Bible Society of South Africa.

9Ababingeleli mabavathe ubulungisa, abantu bakho batsholoze ngovuyo.

10Ngenxa yesicaka sakho uDavide ungamfulatheli umthanjiswa wakho.

11Kaloku, Ndikhoyo, wamenzela isifungo uDavide, futhi ke soze usijike, usithi: “Omnye koonyana besinqe sakho ndiya kumthambisa abe ngukumkani, angene esikhundleni sakho.

12Ukuba ke bathe bawugcina umnqophiso lo oonyana bakho, kwanemimiselo endibafundisa yona, noonyana babo bolawula, bachophe esikhundleni sakho ngonaphakade.”

13Kaloku uNdikhoyo uyinyule iZiyon; uyikhethele ukuba ibe likhaya lakhe, esithi:

14“Eli likhaya lam lokuphumla naphakade; ndiya kuma apha ngokomnqweno wam.

15Ndiya kuyithi jize ngentabalala yendyebo; abahlelelekileyo ndiya kubondla.

16Ababingeleli bovatha usindiso, abantu bam batsholoze ngemihlali.

17Kuya kuvela omnye kubazukulwana bakaDavide; ndiya kuwugcina umlibo womthanjiswa wam.

18Iintshaba zakhe ndozigalela ngehlazo; ke olwakhe ulawulo loba nesidima nenkqubela.”

Iindumiso 133

Ukuhlala kwezalamane ngemvano

Iculo likaDavide; lelabahambi.

1Khawukhangele ukubukeka nomkhitha wokuhlala kwezalamane ngemvano!

2Kunjengesiqholo esigalelwe entloko, esihla ngeendevu zika-Aron, side sithi xhaxhe ngomphetho wengubo yakhe.

3Kufana nombethe entabeni iHermon, lowo ulala kwiinduli zeZiyon. Kulapho uNdikhoyo awafumbe khona amathamsanqa nobomi obungaphele ndawo.

Iindumiso 134

© 1996 Bible Society of South Africa.

Umhobe wangokuhlwa

Iculo labahambi.

1Yizani nimbonge nimncome uNdikhoyo, nonke nina zicaka zakhe, nina
nonke nima bume ebusuku, nisebenza endlwini kaNdikhoyo.

2Ziphakamiseleni esibingelelweni izandla zenu, nimbonge nimncome
uNdikhoyo.

3UNdikhoyo, umenzi wamazulu nehlabathi, wanga angakuthamsanqela
eseZiyon.

Iindumiso 135

Elokudumisa

1Huntshu-u-u! Khanityibele nimbonge uNdikhoyo; ewe, lidumisen' igama
likaNdikhoyo! Zicaka zakhe, khahlelani nidumisa uNdikhoyo;

2nditsho nina nitabhata endlwini kaNdikhoyo, nasenkundleni yomzi woThixo
wethu.

3Mdumiseni, kuba uNdikhoyo yindlel' enqwelo ngokulunga; memelelani
nimdumise, kuba kuluyolo ukwenjenjalo.

4Andithi kaloku uNdikhoyo wazinyulela uYakobi! Ewe, wazikhethela
uSirayeli wangowakhe ncakasana!

5Ndiyaqonda ukuba uNdikhoyo ubavelele, ewe, ubakrobele bonke abanye
oothixo.

6Kaloku uNdikhoyo wenza ngokubona kwakhe – nditsho emazulwini
nasemhlabeni, kwiilwandle nakwiinzongo-nzongo zeenzulu.

7Ngumavus' iingqimba zamafu eziphelweni zehlabathi, ulokhaph' imvula
ngemibane elenyayo, aze akhuph' isaqhwithi ngendlu yaso.

8Kaloku nguye owabhubhisa amazibulo eJiputa; ewe, wageqa awabantu
nawezilwanyana.

9Kanye phakathi kwelaseJiputa wenza imiqondiso nemimangaliso,
wamohlwaya ukumkani nezicaka zakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Wazingenela izizwe, kwajub' ugodo, wabageqa ookumkani abaziwayo.

11Nditsho ooSihon ukumkani wama-Amori, noo-Ogi ukumkani waseBhashan, nazo zonke izikumkani zaseKanana.

12Umhlaba wazo wona wawohlutha, waza waba lilifa labantu bakhe amaSirayeli.

13Igama lakho, Ndikhoyo, lohlala ngonaphakade; udumo lwakho lovakala kwizizukulwana ngezizukulwana.

14Kaloku uNdikhoyo uya kubalungiselela abantu bakhe, avelane nazo izicaka zakhe.

15Oothixo beentlanga benziwe ngegolide nesiliva; basisiqhamo sobuchule bezandla zomntu.

16Benemilomo nje, abakwazi ukuthetha; banawo namehlo, kodwa ababoni.

17Nakuba beneendlebe nje, bazizithulu; baziziduli ezingenawo nomphefumlo.

18Bakwafana nazo abenzi bazo, nabo bonke abakholosa ngazo.

19Khanidume nibonge uNdikhoyo, ndlu kaSirayeli, nani ndlu ka-Aron, mbongen' uNdikhoyo.

20NabaLevi mabakhahlele bebonga uNdikhoyo, nabamthobelayo uNdikhoyo mababonge bade babongisele.

21Izibongo mazihlokome, ziphuma eZiyon, zidumisa uNdikhoyo okhaya liseJerusalem. Awu! Sitsho sonke, sithi: “Bayethe, Mhlekazi!”

Iindumiso 136

Elokubulela

1Bulelani nidomboze ngenxa yokulunga kukaNdikhoyo. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

2Bulelani kuThixo onguyedwa. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

3Bambani ngazibini kwiNkosi yamakhosi. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Nguye yedwa owenza imimangaliso. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

5Ngobulumko bakhe wawadal' amazulu. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

6Ulotwabulula ihlabathi phezu kwamanzi. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

7Yena ngumenzi welanga nenyanga. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

8Ilanga laba ngumongameli wemini. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

9Yona inyanga neenkwenkwezi zongamela ubusuku. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

10Yena ngumaqwakanis' amazibulo aseJiputa. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

11Yena wamkhupha uSirayeli phakathi kwamaJiputa. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

12Wolula isandla sakhe, wamkhulula ngengalo yakhe engwanyalala. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

13Yena walahlula-hlula uLwandle oluBomvu. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

14USirayeli wanqumla kulo wawela. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

15Kambe ke wamntywilisela ukumkani nomkhosi wakhe. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

16Ulokhokel' abantu bakhe entlango, Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

17umqwakanisi wookumkani abanamagama, Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

18umhlabaniseli wookumkani abadumileyo, Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

19uSihon ukumkani wama-Amori, Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

© 1996 Bible Society of South Africa.

[20]uOgi ukumkani waseBhashan. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

[21]Umhlaba wabo wawenza ilifa lamaSirayeli. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

[22]Loo mhlaba waba lilifa lesicaka sakhe uSirayeli. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

[23]Nguye owasivelelayo sigqusha eluthulini. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

[24]Yena wasihlangula ezintshabeni zethu. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

[25]Yena ngumondli wazo zonke izinto eziphilayo. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

[26]Bulelani nidomboze kuThixo wamazulu. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

Iindumiso 137

Isililo samaSirayeli ekuthinjweni

[1]Ngasemilanjeni yaseBhabheli sahlala phantsi sagixa sakucinga ngeZiyon.

[2]Iikatala zethu sazixhoma emingcunubeni kwalapho.

[3]Kaloku abo babesithimbile suka bathi: “Khanisonwabise ngengoma; khanihlabele enye kwezaseZiyon.”

[4]Besingathini kambe ukucula ezikaNdikhoyo kwelasemzini!

[5]Ukuba ndingakulibala, Jerusalem, sanga singashwabana isandla sam sokunene.

[6]Malunamathele ezinkalakahleni ulwimi lwam, ukuba ndinokukulibala, xa ndinokusuka ndingayibaluli iJerusalem njengeyona ntshinga yovuyo lwam.

[7]Awu, Ndikhoyo, yikhumbule into eyênziwa ngamaEdom, mhla yahlaselwa iJerusalem. Kaloku agcoloda athi: “Yidilizeni niyisiphule neengcambu.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Athi ke wena, Bhabheli, sisulundini sentshabalalo! Hayi inyhweba yalowo
ukubuyekezayo ngazo zonke izinto osenze zona.

9Unoyolo ozithathayo iintsana zakho azintlekeze emaweni.

Iindumiso 138

Umhobe wokubulela

Umhobe kaDavide.

1Awu, ndibamba ngazibini, Ndikhoyo. Ewe, ndinongazenzisiyo umbulelo;
ndikuncoma ndikubonge naphi na.

2Ndikhala ndijongise ngasendlwini yakho engcwele, ndibonga ndincoma
igama lakho, ngenxa yezibele nokunyaniseka kwakho, kuba uzicacisile ukuba
wena, ndawonye nezithembiso zakho, ubalasele.

3Ndathi ndakukhala kuwe wandiphendula kangangokuba ndatsho
ndomelezeka.

4Zonke izikumkani zehlabathi mazikudumise, Ndikhoyo, kuba zizivile
izithembiso zakho.

5Ziya kumemelela, zibonga iindlela zikaNdikhoyo, kuba kaloku sibalasele
isidima sakhe.

6Ewe, nakuba uMhlekazi enguSomaqhuzu nje, ubanonophele abagqush'
eluthulini; ke bona abaqholosayo ubabukele.

7Nokuba ndidavuza ezinkathazweni, wena uyandikhusela; ulwa nazo
iintshaba zam, undihlangule ngamandla akho.

8UNdikhoyo uyalifezekisa icebo lakhe ngam. Kambe ke, Ndikhoyo, izibele
zakho zisisimakade; ungabi sawushiya umsebenzi wezandla zakho.

Iindumiso 139

Ulwazi nenkathalo kaThixo ifezekile

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe kaDavide.

1Ewe, Ndikhoyo, undigoca-gocile, uyandazi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Wena undazi ukusuka nokuhlala; iingcamango zam uziqonda zingekaveli.

3Mna andinako ukukunqabela nganto – nditsho ndihamba okanye ndilele, wena uyaziqonda iindlela zam zonke.

4Kaloku wena wazi ndingekathethi; ewe, Ndikhoyo, wazi nento endiza kuyithetha.

5Kaloku wena undiphahle macal' onke; isandla sakho sindifumbathile.

6Ndlela le undazi ngayo indongamele; ewe, ndiyalabalaba, isemajukujukwini kum.

7Ndingamzimela ndithini uMoya wakho? Ndingasabela phi apho ungekhoyo khona?

8Ukuba ndingenyukela emazulwini, ndingafika ukho; nokuba ndingalala kwelabafileyo, ukho nalapho.

9Ndingafanelana ndihamba nokusa, ndiye kutsho eziphelweni zolwandle,

10nalapho ndingakhokelwa sisandla sakho; ewe, ndohlala ndisemandleni akho.

11Noba ndingathi mandisongelwe bubumnyama, nokukhanya kujike kube bubusuku,

12kwabumnyama obo abumnyamanga kuwe. Kaloku nobusuku bukhanya njengemini kuwe, kuba nobumnyama buyakhanya kuwe.

13Andithi na kaloku ndadalwa nguwe; nditsho mna kanye lo! Ewe, wandixonxa wandilunga-lungisa kwandisekumama.

14Ndikubonga ndikubulela ngenxa yomntu endinguye, ngenxa yokumangalisa nokukhwankqisa kwento endiyiyo. Ewe, iyakhamnqisa kambe imisebenzi yakho. Leyo ke into ndiyiqonde pheleleyo.

15Uphahla lomzimba wam alungomnqa kuwe; okuya ndandibunjwa ekusitheleni wawukho. Ewe, ndabunjwa ngokunqabileyo emajukujukwini.

© 1996 Bible Society of South Africa.

16Kaloku wena wandibona ndingekenziwa; imihla owandimisela yona
yabhalwa encwadini yakho, ndingekayiqali nokuyiqala mna.

17Hayi bo, zintsonkothile kambe iingcamango zakho, Thixo wam! Yaz'ba
zingakanani na ubuninzi!

18Xa bendinokuzibala, zingaphaya kwentlabathi; noba bendingazigqibayo,
andikabi phi. Ndoba ngalala ndivuke, usengulowa.

19Akwaba ubungabatshabalalisa abakhohlakeleyo, Thixo; izijama-nkungwini
mazisuke kum,

20abantu abakwenyelisayo bengakukhathalele, abakuvukelayo beqhutywa
yinkohlakalo.

21Ewe, ndibathiyile abakuthiyileyo, Ndikhoyo; kum banezothe abakuchasayo.

22Ngenene ndibathiyile mpela; ndibathatha njengeentshaba zam.

23Ndibhenela kuwe, Thixo wam: khawundigoca-goce, undiphicothe,
undiqondisise; ndivavanye uziqonde iingcamango zam!

24Ndiqwalasele, hleze ndithi kanti ndiphambukile; undikhokelele kwindlela
eyeyona-yona.

Iindumiso 140

Ukucela ukhuselo

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe kaDavide.

1 Ndikhoyo, ndihlangule kubantu abagwenxa; ndilondoloze ndingenzakaliswa
zizijama-nkungwini,

2kwabasoloko beyila amayelenqe, behamba bephemba uchuku,

3abalwimi zilenca njengezeenyoka, abamilomo inobuhlungu
obunjengoberhamba.

4Ndikhoyo, ndaluse ndingabi lixhoba lezikhohlakali; ndilondoloze ndingawi
ezandleni zezijama-nkungwini ezifutha amacebo okunditshabalalisa.

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Izibhoxi zindimbela umhadi, zona ziyandithiyisela zindigcayisele; ewe, zindibekela izabatha endleleni.

6Hoyina! Ndibhenela kuwe, Ndikhoyo; ndithi: “Wena unguThixo wam.” Ndive, ndiyatarhuzisa, Mhlekazi.

7Athi ke wena, Ndikhoyo, Nkosi yam, Mandlandini andisindisayo, wena ulixhadi lam mhla ngedabi.

8Mayingafezeki iminqweno yezikhohlakali, Ndikhoyo; mazibuye nembande yesikhova kumayelenqe azo.

9Abo bandirhawulayo bayabhobhoza; izisongelo zabo mazenzakalise kwabona.

10Akwaba bebengabuxulwa ngamalahle avuthayo, bahalakatsheke enzonzobileni, bangaze babuye.

11Abaphixanisi mabangaze bahlume; izijama-nkungwini mazonganyelwe bububi, zitshabalale.

12Ndiyazi ukuba wena uyabalungiselela abacinezelweyo; ewe, Ndikhoyo, uyababonelela abo bagqush' eluthulini.

13Ngenene amalungisa aya kukudumisa; ewe, kaloku wona aya kuhlala nawe.

Iindumiso 141

Umthandazo wangokuhlwa

Umhobe kaDavide.

1 Ndikhoyo, ndibhenela kuwe; nceda ndivelele. Khawubek' iindlebe, usabele ndakukhala.

2Umthandazo wam mawube sisiqhumiso kuwe, ukuphakama kwezandla zam kube ngumnikelo wamatshona.

3Ndikhoyo, wumisele umlindi umlomo wam; imilebe yam mayihlale yalusiwe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Ndenze ndikucezele ukwenza ububi, ndingazixakekisi ngezenzo
zenkohlakalo, ndingahambisani nabantu abakhohlakeleyo. Mandingaze
ndizixhamle izimuncu-muncu zabo.

5Noba lingandohlwaya ilungisa – yinyhweba leyo; nokuba liyandikhalimela –
yintsikelelo leyo; ewe, andinakuphikisana nayo. Umthandazo wam uchasene
nezenzo zamatshijolo.

6Iziphathamandla ke zophoswa emaweni; izikhohlakali ke zona zotsho
ziqonde, zivume ukuba amazwi am afanelekile.

7Bosuka baphoxise ke bathi: “Kutsho kwangathi kuyakhutyelwa, namathambo
ethu nango ethe saa; ewe, athe xhaxhe ngamangcwaba.”

8Ke mna ndijonge enkalweni kuwe, Ndikhoyo, Thixo wam. Ndilangazelela
ukukhuselwa nguwe; ungandishiyi ndisesichengeni.

9Ndihlangule kwimigibe abandibekele yona, nakuzo izabatha
zabakhohlakeleyo.

10Abakhohlakeleyo mababanjiswe kwayimigibe yabo, mna ke ndingabi nawo
nomkrwelo.

Iindumiso 142

Ukucela uncedo

Umthandazo kaDavide xa wayesemqolombeni.

1Ndiyabhomboloza, ndizibika kuNdikhoyo; ndiyahlahlamba, ndibhenela
kuNdikhoyo.

2Ndiphokoza isikhalo sam phambi kwakhe; ndimbikela zonke iingxaki zam.

3Ndakuba ndidakumbile yena uyayazi imeko yam. Iintshaba zindithiyisela
endleleni yam.

4Ndakukhangela ngasekunene, akakho ozidubayo ngam; ayikho indawo
yokuzimela, kungekho namntu undikhathaleleyo.

5Ndibhenela kuwe, Ndikhoyo; kaloku wena uyinqaba yam, nguwe ibango lam
kweli lizwe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[6]Sibazele iindlebe isikhalo sam, kuba kaloku ndixhwalekile. Ndihlangule kwabo banditshutshisayo; kaloku bona bomelele kunam.

[7]Ndikhulule kula makhamandela, ukuze ndilibonge igama lakho. Amalungisa aya kundiphahla, kuba wena undithamsanqele.

Iindumiso 143

Ukucela uncedo

Umhobe kaDavide.

[1]Wuphulaphule umthandazo wam, Ndikhoyo; sive isikhungo sam. Wena uthembekile, ulilungisa; nceda undiphendule.

[2]Musa ukusixoxisa isicaka sakho; kaloku akukho bani umsulwa phambi kwakho.

[3]Kaloku utshaba luthene mbende nam; lundixushe lwada lwandishikixa. Lundivalele kwamnyama-ndawo, ndanga ndingowafa kudala.

[4]Xa kungokunje ndiyayoba; intliziyo yam iyangcungcutheka.

[5]Ndikhumbula imihla yamfamlibe, ndicamanga ngezinto ozenzileyo, ndiphicotha imisebenzi yezandla zakho.

[6]Ndizolulela kuwe izandla zam; ndikunxanele njengomhlaba owomileyo.

[7]Nceda usabele, Ndikhoyo; umoya wam ufadalele. Hayi, musa ukundifulathela, hleze ndifane nâbo baya enzonzobileni.

[8]Ububele bakho mandibuve kwakusasa; kaloku mna ndikholosa ngawe. Ndifundise indlela endifaneleyo; kaloku mna ndizibika kuwe.

[9]Ndikhoyo, ndihlangule ezintshabeni zam; kaloku mna ndizimela ngawe.

[10]Wena unguThixo wam, ngoko ke ndifundise ukuthanda kwakho. UMoya wakho wobubele makandikhokelele endleleni esisithabazi!

[11]Ndikhoyo, ngenxa yesidima sakho ndihlaziye, ngenxa yobulungisa bakho ndihlangule ekuxinanisweni.

© 1996 Bible Society of South Africa.

12Ngenxa yezibele zakho nceda uzinqamle iintshaba zam. Batshabalalise abanditshutshisayo; kaloku mna ndisisicaka sakho.

Iindumiso 144

Ukumkani ubulela uThixo ngenxa yoloyiso

Umhobe kaDavide.

1Makabongwe uNdikhoyo ondikhuselayo, yena ondiqeqeshela idabi, andenze ndiyiqulele imfazwe.

2Yena ulixhadi nenqaba yam, umqolomba nomhlanguli wam, umkhuseli endincathama ngaye. Izizwe uzifaka phantsi kwam.

3Awu, Ndikhoyo, yaz'ba kuxa eyintoni na umntu le nto ude uzidube ngaye? Ngani ukuba ude uzikhathaze ngaye?

4Umntu ufana nqwa nomphunga, imihla yakhe injengesithunzi sisiya kusithela.

5Wakuwashukumisa amazulu, Ndikhoyo, suka akhahleleke phantsi. Wakuzichukumisa iintaba zithuquza umsi.

6Lekuza ngemibane, ubasarhaze; binza ngeentolo batsho baduba-dubeke.

7Yolula isandla sakho kweliphezulu, undonyule ndiphume kulo mgxobhozo. Ndihlangule esandleni seentlanga

8ezimilomo impompoza ubuxoki, ezifunga ubuqhopholo.

9Thixo wam, ndiya kukudumisa ngengoma entsha; ndiya kukuculela ngekatala.

10Ngumavathis' ookumkani ngoloyiso, umhlanguli kaDavide isicaka sakhe. Ndisindise kwikrele lezikhohlakali;

11ndihlangule esandleni seentlanga ezimilomo impompoza ubuxoki, ezifunga ubuqhopholo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

12Oonyana bethu ebutsheni babo banga banganjengezityalo eziyokozelayo;
iintombi zethu zibe njengamatye akroliweyo alungiselelwe ukuvathisa
ibhotwe.

13Akwaba bangaphuphuma oovimba bethu, bazale ziintlobo ngeentlobo
zesivuno. Akwaba zingazala amawaka iigusha zethu, zande ngamawaka
aphindwe kalishumi emaphandleni.

14Ngamana zathatha iimazi zethu zeenkomo; zingemi ngenxa yokuphunza.
Ngamana akungebikho zimbonono ezitalatweni zethu; ewe,
singaphithizeliswa kukuthinjwa.

15Hayi uyolo lwabantu abayixhamlayo le ntsikelelo! Sinenyhweba kambe
isizwe esiThixo waso unguNdikhoyo!

Iindumiso 145

Ingoma yokudumisa

Elokudumisa; umhobe kaDavide.

1Ndiya kukuncoma, Thixo ongukumkani wam; igama lakho ndolibonga
nanini nanini.

2Ndiya kukubulela mihla le; igama lakho ndolidumisa kude kuse ephakadeni.

3Ngenene uNdikhoyo yingangalala, ufanele ukudunyiswa; obakhe ubukhulu
abuphengululeki.

4Isizukulwana siya kubalisela esilandelayo ngemisebenzi yakho; siya
kuzibhengeza izigigaba zakho kwisizukulwana esilandelayo.

5Ndiya kucamngca ngemisebenzi yakho emangalisayo, nesidima
sobuqaqawuli bobungangamsha bakho.

6Abantu baya kububhengeza ubukhulu bezenzo zakho ezikhwankqisayo,
ndaye ndiya kububabaza ubukhulu bakho.

7Baya kuluxela udumo lokulunga kwakho; ewe, baya kutsholoza bencoma
ubulungisa bakho.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8UNdikhoyo unesisa, yaye enovelwano. Yena unomonde; uyimvuze-mvuze bububele.

9UNdikhoyo uyabalungiselela bonke abantu; unemfobe ngazo zonke izinto azenzileyo.

10Zonke izinto ozenzileyo ziya kudomboza zibulele, Ndikhoyo; imilowo yakwakho iya kukudumisa.

11Baya kuyibhengeza indili nesidima solawulo lwakho; amandla akho aya kuba ngundaba-mlonyeni,

12ukuze uluntu luzazi izigigaba ozenzileyo kwanesidima nobuqaqawuli bolawulo lwakho.

13Ulawulo lwakho alunamida yasiphelo; ubukhosi bakho bozityhutyha zonke izizukulwana. Ilizwi alithethileyo uNdikhoyo alidliwa nja, yaye unesisa kuko konke akwenzileyo.

14UNdikhoyo uyabaxhasa bonke abagqush' eluthulini, abaphakamise bonke abathobekileyo.

15Iinto zonke zikhangela kuye ngethemba, ke yena uyazondla ngexesha elililo.

16Ewe, yena zivulekile izandla zakhe, izinto zonke uyazanelisa ngokweentswelo zazo.

17UNdikhoyo ulilungisa ngeendlela zonke, unobubele kuko konke akwenzayo.

18UNdikhoyo ukufuphi kwabo babhenela kuye, kwabo bamfuna benyanisekile.

19Uyabahlangabeza abo bamhlonelayo; uyasabela bakuzibika, abahlangule.

20UNdikhoyo uyabalondoloza abo bamthandayo; ke bona abakhohlakeleyo uya kubatshabalalisa.

21UNdikhoyo ndiya kusoloko ndimdumisa. Mazimdumise zonke izidalwa, zilincome igama lakhe elihloniphekileyo; ewe, kude kube ngunaphakade.

© 1996 Bible Society of South Africa.

Iindumiso 146

Ukubonga uThixo onguMsindisi

1Aa! Bayethe, Mhlekazi! Duma ukhahlele kuNdikhoyo, mphefumlo wam!

2Ndiya kumbonga uNdikhoyo lo gama ndisadla ubomi; ndiya kuhlabela indumiso, ndibonge uThixo wam bonke ubomi bam.

3Musa ukukholosa ngamanene; sukuthemba umntu, kuba akaloncedo.

4Uthi akuba efile abuyele emhlabeni; ngaloo mini buyatshitsha ubuchule bakhe.

5Hay' inyhweba yalowo uluncedo lunguThixo kaYakobi, lowo uthembele ngoNdikhoyo uThixo wakhe;

6ongumenzi wamazulu nehlabathi, ulwandle neento zonke ezilapho kulo; yena ungajikiyo kwizithembiso zakhe;

7umthetheleli wâbo baxhatshazwayo; umondli wâbo balambayo. UNdikhoyo uwathi jize ngenkululeko amabanjwa.

8UNdikhoyo ngumvuli wamehlo eemfama, umphakamisi wâbo bawileyo. UNdikhoyo ngumathand' amalungisa.

9UNdikhoyo ngumkhuseli wabahambi nabangeneleli, umxhasi wabahlolokazi neenkedama. Ke bona abakhohlakeleyo uyabatshabalalisa.

10Kambe ke yena uNdikhoyo uya kulawula naphakade, uThixo wakho, Ziyon, kuzo zonke izizukulwana. Siyakhahlela, sithi: “Bayethe, Mhlekazi!”

Iindumiso 147

Ukubonga uThixo uPhezukonke

1Dumani nithi: “Bayethe, Mhlekazi!” Kaloku yinto entle ukumemelela, sibonge uThixo wethu; ewe, luyolo, kwaye kufanelekile ukumdumisa.

2 NguNdikhoyo umakhi weJerusalem, umqokeleli weembacu zakwaSirayeli,

3umnyangi wabantliziyo zenzakeleyo, ewe, umbophi wamanxeba abo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Ngumqingqi wenani leenkwenkwezi; iyileyo naleyo kuzo uyibiza ngegama layo.

5Hay' ubukhulu bukaNdikhoyo, uyingangalala ngamandla! Ubulumko bakhe abunamda.

6UNdikhoyo uyabaphakamisa abagqush' eluthulini; ke bona abakhohlakeleyo ubakhahlela phantsi.

7Hlabelani nimombelele uNdikhoyo nibulela; tsholozani niculele uThixo wethu ngezeengcingo –

8umtwabululi wamafu afihl' isibhakabhaka, nguye owabela umhlaba imvula, ulontshulis' ingca ezintabeni,

9umondli wezilwanyana ngokutya kwazo, umfunzeli wamathol' ehlungulu azibikayo.

10Yena akakuhoye nganto ukukhalipha kwehashe, engabukhathalele nobungwanyalala bezitho zendoda,

11koko yena uNdikhoyo uthanda abamhlonelayo, abo bakholosa ngezibele zakhe ezingatshitshiyo.

12Duma ubonge uNdikhoyo, Jerusalem! Mbonge uThixo wakho, Ziyon!

13Kaloku nguye owomeleza imivalo yamasango akho; nguye othamsanqela abantu bakho.

14Nguye omisela inzolo phakathi kwemida yakho; ikwanguye okwanelisa ngeyona-yona ngqolowa.

15Yena uthetha ngelizwi nje qha, ngoko nangoko lityhutyhe ihlabathi.

16Ukhitikisa ikhephu, libe njengoboya; unisa iqabaka, kube mhlophe okothuthu.

17Usarhaza umkhenkce, ngathi sisichotho; ngubani onokumelana nengqele yakhe?

18Uthetha ngelizwi, zinyibilike ezo zinto; athumele umoya, kubaleke amanzi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Ngumazisi wodaba lwakhe kuYakobi, imithetho nezigqibo zakhe kuSirayeli.

20Kwezinye izizwe zange enjenjalo, nemimiselo yakhe aziyazi. Dumani nithi: “Bayethe, Mhlekazi!”

Iindumiso 148

Indalo mayikhahlele kuThixo

1Aa! Bayethe, Mhlekazi! Bongan' uNdikhoyo, nimdumise emazulwini; mdumiseni kweliphezulu!

2Mbongeni, nonke nina zithunywa zakhe; mdumiseni, nani mikhosi yakhe!

3Mbongeni, wena langa nawe nyanga; mdumiseni, nonke zinkwenkwezi eziqaqambileyo!

4Mbongeni, nani mazulu asemajuku-jukwini; ewe, makube njalo nakuni, manzi angaphaya kwesibhakabhaka!

5Ewe, mazilidumise igama likaNdikhoyo; kaloku yena wathetha ngelizwi, zabakho ke zona.

6Wazimisela ukuze zihlale zihleli nanini-nanini; ewe, wazimisela umda ongasoze washukunyiswa.

7Dumani kuNdikhoyo nalapha emhlabeni! Nditsho kuni, bominenga, nani nonke, manzi anzongonzongo,

8wena mlilo, nawe sichotho, khephundini, nani mafu, nawe saqhwithi sofezekisa ilizwi lakhe.

9Dumani, zintaba, nani zinduli, mithi yeziqhamo, nani nonke misedare!

10Mbongeni, nina marhamncwa, nani nonke zinkomo, nina zinto zirhubuluzayo, nani zintaka ziphaphayo!

11Khahlelani, zikumkani zehlabathi, nani nonke zizwe, matshawe, nani nonke zinxiba-mxhaka zehlabathi!

12Dumisani xa ninonke, mlisela kwanani mthinjana; yenzani njalo, maxhego kwanani bantwana!

© 1996 Bible Society of South Africa.

13Ewe, mabalibonge igama likaNdikhoyo; kaloku yena ngugama-khulu. Ke bona ubungangamsha bakhe bulivelele ihlabathi ndawonye namazulu.

14Ewe, abantu bakhe ubathe jize ngodumo nobungangamela, ke yona imilowo yakhe ithwel' intshinga yendumiso – nditsho amaSirayeli, isizwe esisenyongweni kuye. Masitsho sonke sithi: “Bayethe, Mhlekazi!”

Iindumiso 149

Umhobe wokudumisa

1Aa! Bayethe, Mhlekazi! Memelelani niculele uNdikhoyo ingoma entsha abongwa ngayo ebandleni lakhe labanyanisekileyo!

2USirayeli makagcobe agcolode ngoMdali wakhe; oonyana beZiyon mabachulumache ngoKumkani wabo.

3Mabadude bamdumise bememelela, betsholoza bembonga ngegubu nekatala.

4Kaloku uNdikhoyo akaziva ngosapho lwakhe; abazithobayo ubathi jize ngoloyiso!

5Imilowo yakhe mayitaka-take ngemincili; mayimemelele ngemihlali naxa ilalayo;

6mayitsho ngentsholo idumisa uThixo, amakrele abazwe macala esezandleni,

7ukuze iphakele iintlanga impindezelo, ixhaphaze izizwe ngesohlwayo,

8ibasonge ibakhonkxe ookumkani ngamakhamandela, zona izikhulu zabo izikhuleke ngemixokelelwana,

9khon' ukuze ifezekise isigwebo sikaThixo phezu kwabo. Nântso ke intshinga yemilowo yakhe. Masikhahlele sithi: “Bayethe, Mhlekazi!”

Iindumiso 150

Bayethe, Mhlekazi!

1Sithi: “Bayethe, Mhlekazi!” Khahlelani, nimbonge uThixo endlwini yakhe engcwele; mdumiseni ngenxa yamandla akhe esibhakabhakeni.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[2]Mbongeni ngenxa yemisebenzi yobugorha bakhe, nimdumise kuba yena usisihandiba sesikhulu!

[3]Yitshoni ngomtyangampo wexilongo nimdumise; yombelani nimbonge ngomrhubhe nehapu!

[4]Dumisani nimbonge ngegubu nomdudo; ngqungqani nimbonge ngezeengcingo nesigodlo!

[5]Tshilani nimbonge ngamacangci akhenkcezayo; yitshoni ngentswahla nimdumise ngamacangci ahlokomayo!

[6]Ewe, konke okushukumayo makudume kubonge uNdikhoyo! Masidanduluke sonke sithi: “Bayethe, Mhlekazi!”

© 1996 Bible Society of South Africa.

Izafobe

Izafobe 1

Ukubaluleka kwezafobe

1Ezi zizafobe zikaSolomon unyana kaDavide ukumkani wakwaSirayeli.

2Ezi zafobe zilunceda: umntu ziyamqeqesha, zimnike ubulumko, abe nokuziqonda neentetho ukuba ngaba zezengqondo na.

3Ewe, zimenza aqeqesheke, akwazi ukuziphatha, abe ngumntu owenza okulungileyo, nothe ngqo engenagobe.

4Ongekabi namava zimenza abe krele-krele, nomfana atsho akwazi ukwenza izigqibo ngobulumko.

5Isilumko siyeva, sivune ulwazi; kanti nengcaphephe itsho ifumane amacebo aphilileyo,

6khon' ukuze ikwazi ukuqonda izaci nezafobe, nditsho amazwi ezilumko nokuntsonkotha kwawo.

Isiseko sobulumko

7Isiseko sobulumko kukuthobela uNdikhoyo, kambe ke zona izityhakala zibujongele phantsi ubulumko nengqeqesho.

Icebiso kubafana

8Mfo wam, yithobele ingqeqesho kayihlo, ungazityesheli neziluleko zikanyoko.

9Zona ziya kuyiphuhlisa ihambo yakho, oku kwentsimbi ehombisa intloko, nditsho oku kwamaso anika intamo umfaneleko.

10Nyana wam, sukuvuma xa uwexulwa ngoongantweni.

11Mhlawumbi bangathi: “Yiza silalele umntu ongenatyala, ukuze simhlasele simbulale engacingele nto.”

12Basenokuthi: “Yiza, siza kumcim' igama njengosengcwabeni, abe ngathi uginywe lelabafileyo,

© 1996 Bible Society of South Africa.

13size ke thina sizithathele konke okunexabiso, izindlu zethu zitsho zizale
ngamaxhoba.

14Hayi, mfondini, yiza, uzibandakanye nathi; yoba nye ingxowa yethu sonke.”

15Nyana wam, zikhwebule kwiindlela zabo, ulubuyise nonyawo lwakho kuzo.

16Kaloku iinyawo zabo aziva ntambo ukuleqeka esonweni; bayakhawuleza
ukuphalaza igazi.

17Nakuba kungancedi nto nje ukuthiyela intaka xa isibona isabatha eso,

18kodwa bona balalela elabo igazi; ewe, bazonda owabo umphefumlo.

19Sinjalo ke isiphelo sazo zonke izikrelemnqa: ophila ngobugebenga ufa
kwangobugebenga.

Musa ukubudela ubulumko

20Ke bona ubulumko bumemeza nasezitalatweni; kanti ke bude bukhwaze
nasezindaweni zembutho.

21Izwi labo aligqunyelelwa nayingxolo yasezitalatweni; ewe, buvakala
nasemasangweni ezixeko:

22“Ziyathandini, koda kube nini nithe nca ebudengeni? Yaz'ba koda kube nini
na abagculeli bekuvuyela ukuphoxisa? Koda kube nini izityhakala ziluthiyile
ulwazi?

23Kambe ke xa beninokukugqala ukukhalima kwam, bendinganiphokozela
umoya wobulumko, ndabelane nani ngolwazi lwam.

24Kaloku ndibe ngabiza, anisabeli; ndibe nganolulela isandla sam, akukho
bani usamkelayo!

25Ewe, anilikhathalele icebiso lam; anivumi kusamkela nesilumkiso sam.

26Ke mna ndiya kuhlekisa ngani nakungena enkathazweni; ndiya kuphoxisa
ngani ngomhla wonxunguphalo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

27Ewe, nditsho naxa senirhwaqele lunxunguphalo, lunihlasela njengesaqhwithi; seningathi nirhiwulwa sisivunguvane, imbandezelo neenzingo zinifikele.

28“Ngenene, niya kuzibika kum, kodwa ke mna ndingasabeli. Niya kuba ngabhadula nindifuna, ningandizuzi.

29Kaloku nisuke naluthiya ulwazi, anakukhathalela ukuthobela uNdikhoyo.

30Ewe, anilamkelanga icebiso lam, anivumanga naxa ndinilumkisa.

31Ngoko ke niya kuvuna loo nto niyilimileyo; amacebo enu lawo niya kuwatya nide niwatyekeze.

32Kaloku iziyatha zifa kuba zibumangala ubulumko; zona izityhakala zizibhubhisa ngokungakhathaleli nto.

33Kambe ke bona abandiphulaphulayo bahlala bekhuselekile; ewe, bathi zava, bengaxhalele kwenzakaliswa nto.”

Izafobe 2

Umvuzo wobulumko

1Mfo wam, wathathele ingqalelo amazwi am, ungaze uyishiye imiyalelo yam.

2Ewe, bubazele iindlebe ubulumko, nentliziyo yakho uyilahlele ekwazini.

3Kubizele kuwe ukuqiqa, uliphakamisele ilizwi lakho ekuqondeni.

4Ubulumko buzingele njengesiliva, ubufune njengobutyebi obombelweyo.

5Ukuba uyenzile loo nto uya kukuqonda into okuyiyo ukuthobela uNdikhoyo, utsho ufikelele ekumazini uThixo.

6Kaloku nguNdikhoyo onika ubulumko; luphuma emlonyeni wakhe ulwazi nokuqonda.

7Abo bathembekileyo ubathululela ingqiqo, aze abe likhaka lâbo banyanisekileyo.

8Uhlala eyalusa indlela yamalungisa, aze abakhusele kwihambo yabo âbo banyanisekileyo kuye.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Ukuba uyandiphulaphula uya kuba nako ukubuqonda ubulungisa, ukwazi okufanelekileyo nokulungileyo. Ewe, uya kutsho uyazi yonke indlela ethe ngqo.

10Kaloku ubulumko buya kuhlala entliziyweni yakho, umphefumlo wakho uchwayite lulwazi.

11Ukuba neembono eziphangaleleyo kuya kukugcina; ukuqonda kuya kukukhusela,

12utsho ukhwebuke ekwenzeni izinto ezigwenxa, usinde kubantu abaphembelela iinkathazo –

13nditsho asebazilahlayo iindlela ezithe ngqo, asebehamba ngeendlela zobumnyama.

14Abo ke bangabantu abavuyayo xa besenza into embi, abayichwayitelayo imikhwa ephuthileyo yobubi.

15Ewe, aba bantu ngamaqhopholo; iindlela zabo zingamagoso-goso.

16Ngenene uya kutsho usinde kumfazi ongakwaziyo ukuziphatha, umfazi wasemzini omazwi alalanisayo.

17Nditsho lowo ungathembekanga nasendodeni awazimanya nayo kwasebutsheni bakhe, ongawukhathalelanga nomnqophiso awawenza phambi koThixo wakhe.

18Kaloku indlela eya emzini wakhe iya ekufeni, nabo bonke ke abahamba ngayo basinga kwelabafileyo.

19Ewe, kuloo mzi wakhe akuyi lubuyayo; uthi umntu angangena khona angaze aphinde ayifumane indlela yobomi.

20Ngoko ke hamba ekhondweni labantu abalungileyo, uziphathe ngeendlela zamalungisa.

21Kaloku ngabantu abanyanisekileyo abaya kuma kweli lizwe; ewe, ngâbo bamsulwa abaya kuhlala behleli kulo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

22Ke bona abantu abakhohlakeleyo baya kunqanyulwa elizweni; abo bangamatshijolo baya kuncothulwa kulo.

Izafobe 3

Icebiso kulutsha

1Mfo wam, sukuyilibala imfundiso yam, koko mayihlale ihleli imiyalelo yam engqondweni yakho.

2Kaloku imfundiso yam iya kukongezela imihla emininzi, ikwandisele iminyaka noxolo.

3Ungaze wahlukane nentembeko nokunyaniseka. Maxa onke ezi zinto mazibe sisivatho entanyeni yakho. Ewe, zikrole elucwecweni lwentliziyo yakho.

4Ukuba uyayenza ke loo nto uya kuhlala wamkelekile, ube negama elihle kuThixo nasebantwini.

5Kholosa ngoNdikhoyo ngomxhelo wakho wonke, ungaze ungqiyame ngezakho iimbono.

6Mkhumbule uNdikhoyo kuyo yonke ihambo yakho, waye ke yena eya kukukhokela kuzo zonke iindlela zakho.

7Musa ukuzibona usisilumko wena ngokwakho; ndaweni yaloo nto hlala umhlonela uNdikhoyo, ubucezele ububi.

8Loo nto iya kuwunika impilo umzimba wakho, atsho omelezeke amathambo akho.

9Rhuma ngobuncwane bengeniso yakho, uzimase uNdikhoyo; ewe, menzele umnikelo ngolibo lwemveliso yakho.

10Ukuba uyayenza le nto ziya kutsho zizale izisele zakho yindyebo; kanti ke neentsuba zakho ziya kuhlala ziphuphuma yiwayini entsha.

11Mfo wam, musa ukuyidela ingqeqesho kaNdikhoyo, ungasicekisi isiluleko sakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Kaloku uNdikhoyo uyamluleka umntu amthandayo, kwanjengokuba uyise emohlwaya unyana anebhongo ngaye.

13Unenyhweba kambe umntu obufumeneyo ubulumko; nditsho lowo ukuzuzileyo ukuqonda.

14Kaloku bona ubulumko yingeniso engaphezu kwayo nesiliva; nditsho negolide ayithathi nto kubo.

15Ewe, bungaphezulu lee nakumatye axabisekileyo. Kuzo zonke izinto onokuzinqwenela ayikho edlula ubulumko.

16Kaloku isandla sabo sokunene siqhelezela bubomi, kanti kwesokhohlo buxakathe ubutyebi nesidima.

17Iindlela zabo ziindlela ezimnandi; ewe, xa zizonke zizisa uxolo.

18Bungumthi wobomi kwababambelela kubo; bonwabile abo babuzuzileyo.

19Kaloku uNdikhoyo ihlabathi waliseka ngobulumko, namazulu ngokwawo wawazinzisa ngengqiqo yakhe.

20Bubugcisa bakhe obagqabhuza iinzonzobila, namafu atsho afukama avuza umbethe.

21Mfo wam, buxabise ubuchule ndawonye nobulumko bokuvisisana; ezi zinto mazingasitheli emehlweni akho.

22Ziya kukuthi jize ngobomi, zibe sisihombiso sentamo yakho,

23utsho uhambe ungenaxhala, unyawo lwakho lungenakukhubeka ntweni.

24Ngokuhlwa uya kungqengqa ungaphaphazeli, ulale uthi yoyi ubusuku bonke.

25Awuyi kuba sayixhalela intshabalalo equbulayo, ngokunjalo nesibetho esifikela izikhohlakali.

26Kaloku uNdikhoyo uya kukugcina ukhuselekile; soze aluyekele unyawo lwakho lungene emgibeni.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

27Musa ukwala nento elungileyo konelungelo ngayo, ngakumbi xa kusemandleni akho ukumnceda.

28Musa ukuthi kummelwane wakho: “Hamba, uze uphinde ubuye; ndiya kukunika ngomso,” kanti unalo uncedo kuwe.

29Ungaze umenzele iyelenqe ummelwane wakho; kaloku uhlala ngakuwe ekuthembile.

30Musa ukuxabana nomntu ngaphandle kwesizathu, engakwenzanga nto imbi.

31Musa ukuyilangazelela inzuzo yomntu okhohlakeleyo; ndaweni yaloo nto zicezele iindlela zakhe.

32Kaloku ulisikizi kuNdikhoyo umntu olitshijolo; kodwa abathe tye bangamathenjwa akhe.

33UNdikhoyo uwushwabulele umzi womntu okhohlakeleyo; kanti ke wona umzi welungisa uyawuthamsanqela.

34Ke bona abantu abagxekayo uphoxisa ngabo, aze abenzele isisa abo bazithobayo.

35Abantu abalumkileyo baya kulidla ilifa udumo; ke zona iziyatha ziya kwambathwa lihlazo.

Izafobe 4

Iziqhamo zobulumko

1Yiphulaphuleni, bonyana, ingqeqesho kayihlo; yigqaleni, khon' ukuze nizuze ukuqonda.

2Ndininika eyona mfundiso iyiyo, ngoko ke musani ukuwutyeshela umyalelo wam.

3Ngokuya ndandiseyinkwenkwana katata, ndiselula, ndinguyedwa kamama,

4utata wayendiyala athi: “Wazikise engqondweni yakho amazwi am, ungayilibali imiyalelo yam; yigcine imithetho yam, uphile.

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Thabatha, nabu ubulumko, nantsi ingqiqo! Ungaze wahlukane okanye ushenxe kumazwi omlomo wam!

6Ungaze ubushiye ubulumko, ke bona buya kukulondoloza. Thandana nabo, khon' ukuze bukukhusele.

7Ubulumko ngoyena ndoqo, bufunisise! Fumana ingqiqo, nokuba kudle konke onako.

8Ewe, bunonelele ubulumko, ke bona buya kukuphakamisa; bukhwaphe, ke bona buya kukuthi jize ngesihomo.

9Boba njengentsimbi ehombisa intloko yakho, bukuthi jize ngesithsaba esingayiwayo."

10Phulaphula, nyana wam, uwathathele ingqalelo amazwi am, uze udle ubomi iminyaka emininzi.

11Mna ngokwam ndikufundisile ubulumko, ndakukhokelela endleleni ethe ngqo.

12Xa uhamba, ukunyathela kwakho akuyi kuphazanyiswa, ngokunjalo naxa ubaleka akuyi kukhubeka.

13Ungaze wahlukane nengqeqesho, koko bambelela kuyo; yilondoloze, kuba ibubomi bakho.

14Musa ukuhambisana nabantu abakhohlakeleyo, ungahambi nasekhondweni labenzi bobubi.

15Ewe, ndithi zicezele iindlela zabo, ungahambi ngazo. Shenxa kuzo, uhambe uzigqithe.

16Kaloku izikhohlakali azaneli kukulala zingenzanga nto imbi. Ewe, ziphuthelwa ubusuku bonke, zide zibe zenzakalise umntu.

17Kaloku inkohlakalo sisonka abasidlayo; ubundlobongela yiwayini abayiselayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

18Ke yona indlela yamalungisa ifana nemitha yokusa, yona iya iqaqamba
ngokuqaqamba de ibe yimini epheleleyo.

19Kambe ke zona iindlela zabakhohlakeleyo zingumnyam' ombonde-mbonde.
Naxa bekhubeka abayazi into abakhubeka kuyo.

20Ke wena, mfo wam, wagqale amazwi am, uyibazele iindlebe into
endikuxelela yona.

21Amazwi am makangacimi emehlweni akho, koko wamilisele phakathi
entliziyweni yakho.

22Ewe, abubomi kwabo bawafumeneyo; ayimpilo kumzimba xa uwonke.

23Eyona nto emawuyilondoloze ngaphezu kwazo zonke ezinye yintliziyo
yakho, kuba yona ingumthombo wobomi.

24Mabungabikho ubuxoki emlonyeni wakho, nentetho ekhohlisayo ibe kude
lee emilebeni yakho.

25Makathi ntshoo phambili amehlo akho, neenkophe zamehlo akho zithi
ngqo.

26Qiqa phambi kokuba ubeke unyawo lwakho endleleni, ukuze ihambo yakho
iqiniseke.

27Musa ukujika-jika uye ngasekunene nangasekhohlo; unyawo lwakho
malubucezele ububi.

Izafobe 5

Izilumkiso

1Mfo wam, buve ubulumko bam, ukubazele iindlebe ukuqonda kwam,

2ukuze ube nako ukuzilungelelanisa izinto, futhi ukwazi ukuthetha
ngengqiqo.

3Kaloku imilebe yomfazi ongakwaziyo ukuziphatha ivuza ubusi; kwaye
nenkalakahla yakhe igudile kunamafutha omnquma.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Kanti ke ekugqibeleni uba nobukrakra okomhlonyane, akwenzakalise okwekrele elibukhali macala.

5Kaloku iinyawo zakhe zisinga ekufeni; ukunyathela kwakhe kubheka ngqo engcwabeni.

6Uyakuwexula kwindlela eyeyobomi; ube wena ungayazi loo nto.

7Ngoko ke, bonyana, ndiphulaphuleni, ningashenxi koko ndinixelela kona.

8Ewe, ndithi mcezeleni umfazi onjalo, ningasondeli nasemnyango wendlu yakhe,

9hleze amandla enu axhatshazwe ngabanye, niyinike isikhohlakali iminyaka yenu.

10Ewe, xa ningeva ikamva lenu liya kuxhanyulwa ngabasemzini, zize zona izinto eniziqwebileyo zibe sisisulu seentlanga.

11Ekugqibeleni ke yoba ziincwina zodwa ugcuma, ube wona umzimba wakho uvuthuluka nezihlunu zawo.

12Uya kuthi: “Akwaba ndandingazange ndiyithiye ingqeqesho; akwaba ndandiziphulaphule iziluleko.

13Ngenene zange ndiwaphulaphule amazwi âbo babendiyala, zange ndiyibazele iindlebe imfundiso yabandilulekayo.

14Ngoku ke naku ndizibhaqa sendisehlazweni ekuhlaleni naseluntwini.”

15Nyaniseka kumfazi wakho; ewe, sela amanzi kwelakho iqula.

16Ngani ukuba abantwana bakho bathi saa, oku komthombo omanzi wawo aphuphumela esitalatweni?

17Abantwana bakho mayibe ngabakho wedwa; sukuvuma baxhatshazwe nangabasemzini.

18Ewe, ziyolise nomfazi wakho weenkomo, abe ngumthombo olithamsanqa lakho –

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19nditsho loo nzwakazi imanz' andonga, elo bhadikazi lihle kunene! Isifuba
sayo sanga singakutsho ube nemihlali, ikurhawule ngolo thando lwayo, utsho
uthi ncithi.

20Mfo wam, ngani ukuba ude uthinjwe ngumfazi ongakwaziyo ukuziphatha?
Ngani ukuba ugonane nomka-mntu?

21Kaloku zonke izinto ezenziwa ngumntu ziyabonwa nguNdikhoyo; zonke
iindlela zakhe uzijongile.

22Ke zona izenzo zomntu okhohlakeleyo zibambisa kwayena, ajike
akhonkxwe kwasisono sakhe.

23Ubulawa kukungaqeqesheki; ewe, uphuphuthekiswa bubuhiba bakhe.

Izafobe 6

Ezinye izilumkiso

1Mfo wam, ukuba uthe wamela omnye umntu, wabambana nomnye
ngesandla,

2waza ke ngaloo ndlela warhintyeleka ngamazwi omlomo wakho, wavaleleka
emgibeni ngenxa yesithembiso sakho,

3nantsi ke into omawuyenze, nyana wam, ukuze ukhululeke ezandleni
zommelwane wakho: hamba uzithobe kuye, umbongoze akukhulule.

4Ewe, ungakhe ulale ungayenzanga loo nto, ungaphumli nokuphumla oku.

5Xelisa inxala elizihlangulayo esandleni somzingeli, okanye intaka ephuncuka
esandleni somthiyeli.

6Yiya embovaneni, vilandini; qwalasela indlela eziphethe ngayo, nawe
ulumke.

7Kaloku yona ayinankosi, ingenamlawuli nankokheli,

8kodwa nakuba injalo iyaxakeka ehlotyeni iqokelela umphako, izilungiselela
ukutya ngexesha lokuvuna.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Kodwa kodwa, vilandini, koda kube nini uthe tywa kuloo mandlalo? Uya kuvuka nini kobo buthongo bakho?

10Ulibele kukuthi: “Hayi noko, makhe ndithi qwaka, ndithi ntlithi kancinane, khe ndisonge izandla, ndiphumle.”

11Kambe ke bona ubuhlwempu nâbo bukuchwechwela njengomkhuthuzi. Ewe, nantso ihambo-nzima isiza kukuhlasela oku kwendoda exhobileyo!

12Ke yena umntu ohamba ejikeleza ethetha ezolwimi ngungantweni wetshijolo.

13Ewe, onjalo ungafika emana encwina amehlo, egobhana nabanye, ekhomba ngaloo minwe yakhe.

14Ngalo lonke ke elo xesha uqulunqa amayelenqe entliziyweni yakhe; ewe, uyila ububi, aphembelele uqhushululu.

15Kuthi kunjalo ke afunyanwe yinkxwaleko ngebhaqo, atsho enzakale ngephanyazo, angabi nakunyangeka.

16Zintandathu izinto azithiyileyo uNdikhoyo; gxebe, zisisixhenxe izinto ezilizothe kuye:

17amehlo endelelo, ulwimi oluxokayo, izandla eziphalaza igazi elimsulwa,

18intliziyo eceba amayelenqe, iinyawo ezikhawuleza ukuquqela ebubini,

19ingqina elixokayo liyigqwethe inyaniso, nomntu ophembelela ingxabano phakathi kwabazalanayo.

Isiyalo ngabakrexezi

20Mfo wam, yithobele imimiselo oyinikwa nguyihlo, ungazityesheli neziluleko zikanyoko.

21Amazwi abo wamilisele engqondweni yakho nanini nanini, uwagaxele abe sisihombo entanyeni yakho.

22Ewe, la mazwi aya kukukhokela endleleni yakho, abe ngumlindi wakho xa ulele, aze athethe nawe xa uvukile.

© 1996 Bible Society of South Africa.

23Kaloku imiyalelo isisibane; zona iziluleko zilukhanyiso; ingqeqesho ekukhalimelayo ingundoqo wobomi.

24Zizo ezinokukukhwebula kumfazi oziphethe kakubi, zikuhlangule kumfazi wasemzini olwimi lugudileyo.

25Sukunikezela umncwase ngenxa yobuhle bakhe; sukumkhathalela nokuba selecela amehlo.

26Ihenyukazi ungalithenga nangesonka, kanti yena umkrexezikazi angakwenza uphulukane nobomi bakho.

27Khawutsho! Uthi ungawufaka esifubeni sakho umlilo ize impahla yakho ingatshi?

28Uthi ungawanyathela amalahle avuthayo zize zingatshi iinyawo zakho?

29Kunjalo ke kumntu owambatha umka-mntu: akukho namnye omchukumisayo oya kuba msulwa.

30Aligxekwa kangako isela xa lisiba kuba lilambile.

31Noxa kunjalo lihlawuliswa kasixhenxe xa libanjiwe, lithinjwe yonke impahla yendlu yalo.

32Ke yena umntu okrexezayo ngathi ushiywe ziingqondo; ewe, uyazibhubhisa yena ngokunokwakhe.

33Isiqhamo salo msebenzi wakhe ziinduma nokuhlazeka; futhi ke oko kuphoxeka kwakhe kuya kuhlala kungenakucinywa.

34Kaloku indoda enobukhwele inengcwangu; ithi ke apho iziphindezela khona ingabi nanceba.

35Ewe, xa sele ikuloo meko ayiva zicengo, kungekho nantlawulo iya kuyamkela noba ingakanani na.

Izafobe 7

Isiyalo ngomkrexezikazi

1Mfo wam, wagcine amazwi am, uyimilisele kuwe imiyalelo yam.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

2Ukuba uyayilandela imimiselo yam uya kubudla ubomi. Ewe, imfundiso yam
yilondoloze njengokhozo lweliso lakho.

3Imiyalelo yam zikhumbuze ngayo ngokungathi ibotshelelwe eminweni
yakho, ihlale ibhaliwe engqondweni yakho.

4Yithi kubulumko: “Wena ungudade wethu,” kwingqiqo uthi: “Wena
ungumwethu.”

5Xa kunjalo ke uya kusinda kumfazi okrexezayo, ungabi nakufumaneka
kumfazi wasemzini okulalanisayo ngamazwi.

6Ndikrobe ngefestile yendlu yam, ndalunguza ndingasemva kwenqwanqwa,

7ndabona abafana abaswele ukuqonda, phakathi kwabo ndaqaphela omnye
osisityhakala.

8Wahamba ke esitalatweni apho, waya kubhijela ngekona ngasendlwini
yomfazi othile.

9Ngelo xesha ke kwakungongcwalazi, imini seyisangene, ubusuku
nobumnyama sebunkqonkqoza.

10Nâko ke kusithi gqi umfazi emkhawulela, ethe wambu ezobuhenyukazi,
eneenjongo ezigwenxa.

11Wayengungantweni womfazi othethela phezulu, engunyawo lwambethe
indlela.

12Uthi esezitalatweni abe sezindaweni zembutho, abe elunguza
nasezirhangeni.

13Lo mfazi usuke wamgona umfana lowo, wamanga; ngobuso
obungenazintloni wathi kuye:

14“Ekhaya ndenze amadini obudlelwane; namhlanje ndizifezekisile
izibhambathiso zam.

15Ndilapha nje ke bendikhangela wena, kambe ke ngoku nguwe lo,
ndikufumene!

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Nomandlalo wam ndiwulungisile; ndiwuthe wambu ngengayiwayo ilinen yaseJiputa.

17Ewe, umandlalo wam sendiwuqhole ngoozimore, ikhala, ndawonye nesinamon.

18Yiza ke, masibe seluthandweni kude kuse; ewe, masizonwabise ngalo!

19Kaloku owakwam usathe tshalala; uthathe uhambo olude, akekho ekhaya.

20Umke isipaji sakhe sizele yimali; uya kubuya ukuthwasa kwenyanga.”

21Wamlalanisa ngaloo ntetho yakhe igudileyo, wamwexula ngamazwi ezicengo zakhe.

22Nanko ke selerhorhozela kwangoko emva kwaloo mfazi, selengathi yinkomo eya ekuxhelweni. Ungena okwesiyatha emgibeni,

23luze utolo lumchane isibindi. Oku kwentaka engqala esigwini ulahlekelwa bubomi bakhe engaqondi.

24Ngoko ke, bonyana, ndiphulaphuleni, niwathathele ingqalelo amazwi am!

25Musa ukulandelana neendlela zomfazi onjalo, ungaze ulahlekele kuzo.

26Kaloku zininzi iingxwelerha aziwisileyo; linani eliphezulu amadoda awabuleleyo.

27Xa usiya endlwini yakhe usinga ekufeni; ewe, uhlela kumagumbi elabafileyo.

Izafobe 8

Kubongwa ubulumko

1Yivani, nâbo ubulumko bumemeza! Nayo ingqiqo nantso izazisa.

2Kaloku bumi ngasezindleleni phezu kweentaba; ewe, nabu buthe bhunxe eziphambukeni zeendlela.

3Nabo bungxang' emasangweni edolophu; ewe, buyamemelela ekungeneni esixekweni:

© 1996 Bible Society of South Africa.

4“Hoyina, ndibhenela kuni, nina nonke luntu; ndiyanibiza nani, nzala yakwantu.

5Kambe nani, ziyatha, fundan' ingqiqo, nani, nina zidenge, qalisan' ukuqonda.

6Phulaphulani, kuba ndiza kutheth' izintw' ezibalaseleyo; yivani, kuba ndiza kuyixel' imfanelo.

7Kaloku ngomlomo wam ndiza kutheth' inyaniso, kuba ke mna ndiyithiyil' inkohlakalo emilebeni yam.

8Onke amazwi omlomo wam anyanisekile; ubuqhopholo nobuxoki abukho kuwo.

9Kumntu oqondayo onke acacile; kwâbo baziyo onke alungile.

10Nawe ke, yamkela ingqeqesho kunesiliva; ndithi thatha ulwazi kuneyona golide.

11Mna bulumko ndiyawagqitha namatye exabiso; nakwiindidi zobutyebi mna andidlulwa nto.

12“Mna bulumko ndihlala ndithe qwa; ndixakath' ulwazi kunye nokulungelelanisa.

13Ukumthobela uNdikhoyo kukubuthiya ububi. Yiloo nto ndikuchasileyo ukuzigwagwisa, ikratshi, ukungabi nasimilo, kunye nentetho egwenxa.

14Ndingusomacebo, ndingumthombo weembono ezichubekileyo; ndinako ukuqonda, kanti nokomelela kokwam.

15Ewe, oozikumkani balawula ngam, neziphathamandla zilawula ngobulungisa nje ndim.

16Bonke abasemagunyeni bancedwa ndim lo: oomatshawe, noozikhulu, nabagwebi ngokwabo.

17Kaloku ndiyabathanda abo bandithandayo, futhi ndiyafumaneka kwabo bandifunayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

18Ndibathi jize ngesihomo nendyebo, batsho babe nobutyebi obuzinzileyo nenkqubela.

19Inzala engenxa yam ingaphezu kwayo negolide; imveliso yam iyayibetha neyona siliva.

20Ihambo yam bubulungisa bodwa; iindlela zam zifanelekile.

21Ubutyebi lilifa endibanikayo abo bandithandayo; ndibathi jize ngoovimba abaphuphumayo.

22“Ekuqalekeni kwendalo kaNdikhoyo mna ndandikho ndingowakhe; ewe, ndandikho ingekabikho imisebenzi yakhe yamandulo.

23Mna wandiqingqa kwasephakadeni, kuqala ngqa, nehlabathi lingekabikho.

24Ndavela engekabikho namanzi anzongo-nzongo, tanci ingekaveli nemithombo ephuphuma amanzi.

25Ndingowokuqala phambi kwazo neentaba; neenduli zilibone emva kwam ilanga.

26Ndabakho ungekabikho umhlaba neentili zawo; ewe, kwakungekabikho nothuli olu ehlabathini!

27Ndandikho ekumiselweni kwamazulu nguThixo, xa wayetwabulula isibhakabhaka kumanzi anzongo-nzongo.

28Xa wayesambathisa isibhakabhaka ngamafu ndandilapho, nangokuya wayeseka imithombo yeelwandle ndandikho.

29Ndandilapho xa wayemisa imida yolwandle, xa wayesithi: ‘Latyuza, kodwa ungagqithi apha.’ Ekuzimiseni kwakhe iziseko zehlabathi ndandikho.

30Ewe, ndayingcali yomsebenzi, ndiyintonga yakhe yasekhosi; ndandizele yimincili iimini ngeemini, ndivuya apho ecaleni kwakhe.

31Ngenene ndandichulumacha kulo elimiweyo; ndandiziva ndinemihlali phakathi koluntu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

32“Ngoko ke, bonyana, ndiphulaphuleni, kuba banoyolo abo bahamba
ngeendlela zam.
33Yamkeleni ingqeqesho, ukuze nibe zizilumko; sanukuyityeshela, koko
bambelelani kuyo.
34Unenyhweba kambe umntu ondiphulaphulayo; nditsho lowo uhlala
enkundleni yam yonke imihla, osoloko elindile emasangweni am phaya.
35Ozuze mna ke ubufumene ubomi; uxhamla ukwaneliseka kukaNdikhoyo.
36Kambe ke yena ondiphosileyo uzenzakalisile; kanti ke lowo undithiyileyo
uthand' ukufa.”

Izafobe 9

Isimemo sobulumko

1Ubulumko buyakhile indlu yabo, bayenzela iintsika ezisixhenxe.
2Ubulumko buxhelile, bayixuba newayini; kwaye netafile sebuyidekile.
3Buthume izicakazana ukuba zime ezindulini, zazise apho edolophini, zithi:
4“Yizani nonke, nina bangaqondiyo.” Kanti ke kwabaswele ukuqonda buthi:
5“Ngenani nitye ukutya endikulungisileyo, nisele newayini endiyixubileyo.
6Lahlani ubuyatha, khon' ukuze niphile; hambani ngendlela yeengqondi.
7“Othethisa umgxeki uzibizela ukuthukwa; okhalimela isikhohlakali udibana
nokunyeliswa.
8Sukuziduba ngokululeka umgxeki kuba wosuka akucaphukele; kambe ke
wakululeka isilumko sitsho sikuhloniphe.
9Wakusifundisa isilumko sitsho silumke ngaphezulu. Ukuba uyalicebisa
ilungisa litsho longeze ulutho kulwazi lwalo.
10“Isiseko sobulumko kukuthobela uNdikhoyo; umntu omaziyo oyiNgcwele
kanye uzuza ingqiqo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11Mna bulumko ndoyenza ibe mininzi imihla yakho, ndiyongeze iminyaka yobomi bakho.

12Xa usisilumko woncedwa bubulumko bakho; kanti xa ungumgxeki iya kuba nguwe kanye ohluphekayo.”

Isimemo sobudenge

13Umfazi onguNobudenge usoloko engxola; yindlavinikazi engazi nto.

14Uthanda ukuhlala emnyango endlwini yakhe okanye kwiindawo eziphezulu edolophini,

15ufike selemana ekhwaza abantu abadlula ngendlela, behamba bexakeke yimicimbi yabo,

16esithi: “Yizani apha nonke, nina bangaqondiyo!” Kwabaswele ukuqonda uthi:

17“Akamnandi ngako amanzi abiweyo! Kanti ke nokutya okutyiwa ekufihlekeni kokona kunencasa.”

18Abamphulaphulayo abaqondi ukuba kukufa okubalindele apho; abazi ukuba abo bakhe bamtyelela xa kungokunje bakwelabafileyo.

Izafobe 10

Izafobe zikaSolomon

1Nazi izafobe zikaSolomon: Unyana osisilumko ulibhongo likayise, ke yena osisityhakala ungumva-ndedwa kanina.

2Ubutyebi obufunyenwe ngobuqhopholo abuphumelelisi, kodwa ke kona ukuziphatha kakuhle kuhlangula ekufeni.

3 UNdikhoyo soze abayeke abantu abalungileyo balambe, kambe ke zona izikhohlakali uyazithintela ingafezeki iminqweno yazo.

4Umntu oqhokrwe izandla uba lihlwempu; ke yena okhutheleyo uba sisityebi.

5Unyana oxakekayo evuna ngexesha lokuvuna ukhaliphile; kambe ke yena olalayo xa isivuno silungile lihlazo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

[6]Amalungisa athiwa jize ngesithsaba sentsikelelo, ke zona izikhohlakali ubundlobongela zibufihla ngokuthetha.

[7]Kuyintsikelelo ukukhumbula amalungisa, kambe ke lona igama lezikhohlakali liyaphutha.

[8]Umntu onengqondo uyayiphulaphula imiyalelo; kambe ke sona isityhakala esilavuzayo siya kubhanga.

[9]Umntu onyanisekileyo uhamba engaxhalele nto; ke yena onamaqhinga uya kubhaqwa.

[10]Umntu oyivalela amehlo inkohlakalo ubangela intlupheko, kambe ke isityhala esilavuzayo siya kubhanga.

[11]Amazwi omntu olilungisa angumthombo wobomi; kanti ke zona izikhohlakali ubundlobongela zibufihla ngokuthetha.

[12]Intiyo iphembelela ingxabano; ke lona uthando luyazingcwaba zonke izono.

[13]Umntu oqondayo uthetha ubulumko, kanti ke umhlana wesinyabi ufanelwe yintonga.

[14]Isilumko siyaluqoqosha ulwazi, kanti ke kona ukuthetha kwesityhakala kuza nentshabalalo.

[15]Ubutyebi besinhanha lixhadi laso; ke bona ubuhlwempu yintshabalalo yosweleyo.

[16]Ilungisa lixhamla ubomi ngemigudu yalo; ke yona inzuzo yesikhohlakali iphelela esonweni.

[17]Umntu oyithobelayo ingqeqesho usekhondweni lobomi; ke yena ongaphulaphuliyo ulahlekene nendlela.

[18]Umntu oyifihlayo intiyo lixoki; ke yena osasaza iindaba zolwimi sisiyatha.

[19]Ekuthetheni kakhulu isono sidla ngokubakho, kambe ke ozibambayo ekuthetheni unengqiqo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[20]Amazwi elungisa afana nesiliva ecwengileyo; ke zona iingcinga zesikhohlakali ziphuthile.

[21]Amazwi omntu onengqondo ayinzuzo kwabaninzi; kanti ke zona izityhakala zibulawa kukungayisebenzisi ingqondo.

[22]Yintsikelelo kaNdikhoyo enika umntu ubutyebi; kambe ke yona ayihambi nazintsizi.

[23]Isiyatha siyavuya xa sisenza ubugwenxa; phofu ke yena umntu onengqondo uyabuvuyela ubulumko.

[24]Umntu okhohlakeleyo uzuza kanye le nto imnxunguphalisayo, kodwa yena olilungisa unikwa oko akufunayo.

[25]Zakufika iinkqwithela zimka nabo abantu abakhohlakeleyo; kanti ke bona abanyanisekileyo bema ngxishi ngonaphakade.

[26]Asinto umdintsi ukusetyenzelwa livila, nqwa neviniga emazinyweni okanye umsi emehlweni.

[27]Ukuthobela uNdikhoyo kuyabongeza ubomi bomntu; kanti ke yona iminyaka yezibhoja iyanqanyulwa.

[28]Ithemba lelungisa liza novuyo; ke lona ithemba lesikhohlakali liphelel' emoyeni.

[29]Indlela kaNdikhoyo yinqaba yamalungisa; kodwa ke yintshabalalo kwabenza ububi.

[30]Ilungisa alisoze libhukuqwe; ke yena okhohlakeleyo ngekhe eme elizweni.

[31]Umntu obhadlileyo uphuphuma ubulumko, kambe ke yena umntu ogqwethayo uya kunqunyulwa ulwimi.

[32]Umntu onengqondo uthetha amazwi afanelekileyo; kambe ke sona isikhohlakali sithetha amazwi akrwempayo.

Izafobe 11

© 1996 Bible Society of South Africa.

[1]UNdikhoyo umthiyile umntu osebenzisa isilinganiso esinegobe; kambe ke uyamthanda lowo usebenzisa isilinganiso esingenaxanasi.

[2]Umntu ozigwagwisayo uyakhawuleza ukuhlazeka; kambe ke kona ukuzithoba kuhamba nobulumko.

[3]Ukunyaniseka kuyamalusa umntu othe ngqo, kodwa ke bona ubuqhokolo buyawabhangisa amaqhopholo.

[4]Ubutyebi bomntu abumsindisi kwingqumbo kaThixo; sisimo esisulungekileyo kuphela esimhlangulayo umntu ekufeni.

[5]Indlela yabantu abamsulwa igudiswa sisimo sabo; ke bona abakhohlakeleyo bawiswa yinkohlakalo yabo.

[6]Isimilo siyamsindisa umntu othe ngqo; kodwa bona abangcatshi babhajiswa kukunyoluka.

[7]Akufa umntu okhohlakeleyo amathemba akhe ayadaka, nokukholosa kwakhe ngamandla akhe kuyaphutha.

[8]Umntu olilungisa uyahlangulwa enkathazweni – endaweni yakhe iwa phezu kwesikhohlakali.

[9]Umlomo womntu ongakhathalele Thixo wenzakalisa ummelwane wakhe; ke bona abathobela uThixo balondolozwa lulwazi.

[10]Inkqubela yamalungisa itsho uchulumance umzi wonke; kanti ke ukufa kwezikhohlakali kutsho kuhlokome yimivuyo.

[11]Isixeko siyaphakanyiswa sakuthamsanqelwa ngabantu abathe ngqo; kambe ke wona amazwi ezikhohlakali ayasitshabalalisa isixeko.

[12]Umntu ongenangqondo uyabanyemba abanye abantu; ke yona ingqondi ithi cwaka.

[13]Umntu ongenasifuba uyazidiza iimfihlelo; kambe ke yena othembekileyo uyaligcina ihlebo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

14Isizwe esingenamcebisi siyawa; kanti ke xa sinabacebisi abaninzi siba luqilima.

15Umntu omela omnye angamaziyo uyenzakala; ke yena ongavumiyo ukubamba isandla somnye ebhambathisa ukhuselekile.

16Umfazi onesimilo uyahlonitshwa; ke wona amadoda aziindlavini azizuzela kuphela ubutyebi.

17Umntu onobubele uyazimaseka; kambe ke yena ongqwabalala uyazenzakalisa.

18Okuzuzwa ngumntu okhohlakeleyo ngenkohliso kuyaphela, phofu ke ohlala esenza okulungileyo ufumana umvuzo oqinisekileyo.

19Ubulungisa obububo busingisa ebomini; ke yena oleqa ububi usingisa ekufeni.

20UNdikhoyo ubathiyile abantu abantliziyo zinenkohlakalo; kanti ke ukholiswa ngabasimo sisulungekileyo.

21Ngokuqinisekileyo baya kohlwaywa abantu abenza izinto ezimbi; kambe ke bona abenza izinto ezilungileyo baya kusinda.

22Ubunzwakazi bomfazi ongenangqiqo bufana nomsesane wegolide empumlweni yehagu.

23Umnqweno womntu olilungisa uzala ubuhle; ke lona ithemba lesikhohlakali liza nengqumbo.

24Abanye abantu banezinwe kodwa bahambela phambili ngenkqubela; kanti ke bambi abasoluli isandla noko baya beswela ngokuswela.

25Umntu ophayo uba nenkqubela; ukuba ùyabanceda abanye abantu nawe uya kuncedwa.

26Abantu bayamshwabulela umntu okubandezayo ukudla; kanti ke bayamthamsanqela lowo ukuthengisayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

27Umntu ofuna okuhle uzuza okulungileyo; phofu ke yena ozungula ububi uzuza kwabona.

28Umntu okholosa ngobutyebi bakhe uvuthuluka njengamagqabi ebusika; ke yena umntu ofanelekileyo uhluma njengamagqabi entlakohlaza.

29Umntu oyinkathazo ekhayeni udla ilifa elingumoya; sona isiyatha siba sisicaka sesilumko.

30Isiqhamo sâbo balungisayo ngumthi onika ubomi; umntu onobulumko uhlangula imiphefumlo yabantu.

31Umntu olilungisa umvuzo wakhe uwuzuza kwalapha emhlabeni; kobeka phi ke ukohlwaywa komqhankqalazi nomoni?

Izafobe 12

1Umntu oyithandayo ingqeqesho uthanda ulwazi; kodwa ke yena ongafuni kululekwa usisityhakala.

2Umntu oziphethe kakuhle uyathandwa nguNdikhoyo, kambe ke akamfuni umntu onamayelenqe.

3Akakho umntu onokuzinza eqamele ngenkohlakalo; kambe ke wona amalungisa amila abe neengcambu ezingenakugungqiswa.

4Umfazi ofanelekileyo yintshinga yendoda yakhe; ke yena umfazi oyithwalela amahlazo indoda yakhe ufana nempehla emathanjeni ayo.

5Iingcinga zamalungisa zinyanisekile; ke wona amacebo ezikhohlakali yinkohliso.

6Amazwi abantu abakhohlakeleyo ngawokulalela igazi; kambe ke wona amazwi abantu abathe ngqo ayasindisa.

7Sakukhiqwa isikhohlakali iyaphela intw' ebithethwa; kambe ke yona indlu yamalungisa ima imi.

8Umntu onengqondo uxatyisiwe; phofu ke yena osisidodo ngengqondo akazelwe nto.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Kulungile ukuba ngongenagama, kodwa noko unaso isicaka, kunokuzenza isinhanha kodwa ulamba.

10Umntu olilungisa uyazazelelela iimfuno zezilwanyana zakhe; kodwa nezona zenzo zingathi zihle zesikhohlakali ziba ngqwabalala.

11Umntu olima amasimi akhe akasweli kutya; kambe ke bubuyatha ukulibala ngumsebenzi ongaphumi nto.

12Umntu okhohlakeleyo usoloko efuna amaxhoba azuzwe ngabantu abanobubi; ke yona ingcambu yezityalo zamalungisa iyachuma.

13Umntu ongento ubanjiswa kwangamazwi akhe agwenxa; ke lona ilungisa liyazikhulula enkathazweni.

14Umntu ufumana ulutho aneliswe sisiqhamo sokuthetha kwakhe; kananjalo umsebenzi womntu ubuyela kwakuye.

15Indlela yesityhakala ibonakala ilungile kwawaso amehlo; ke sona isilumko siyeva sakucetyiswa.

16Umntu osisiyatha uzibonakalisa kwangoko xa ecaphukile; kanti ke yena umntu oqiqayo akazidubi ngezithuko.

17Ingqina elinyanisekileyo lithetha inyaniso; ukanti ke ingqina elixokayo lisasaza ulwimi.

18Amazwi okulavuza ahlabanisela njengekrele; kambe ke wona amazwi ezilumko ayaphilisa.

19Inyaniso ima ngonaphakade; ke bona ubuxoki bobomzuzwana.

20Abo bantliziyo zinenkohliso ngabo abacebi bobubi; kambe ke abakhuthaza uxolo bazuza ulonwabo.

21Amalungisa akahlelwa bubi; ke bona abakhohlakeleyo baphahlwe ziinkathazo.

22UNdikhoyo uyamcaphukela umntu oxokayo, kodwa uyakholiswa ngonyanisekileyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

23Umntu oqiqayo akalubhengezi ulwazi lwakhe; ke sona isiyatha sihamba
sivakalisa ubudenge baso.

24Abakhutheleyo ngabo abaya kulawula; ke wona amavila aphelela
kumsebenzi wobukhoboka.

25Amaxhala ayamtyhafisa umntu; ke wona amazwi enkuthazo ayahlaziya.

26Ilungisa limalathisa indlela ummelwane; ke yona indlela yabakhohlakeleyo
iyabalahlekisa.

27Umntu onqenayo akayosi nenyamakazi le ayizingelayo; kodwa ke
osebenzayo uzuza impahla exabisekileyo.

28Indlela yobulungisa isinga ebomini; ewe, yiyo leyo indlela engasingisi
ekufeni.

Izafobe 13

1Unyana osisilumko uyayithobela ingqeqesho kayise; ke yena ongumgxeki
akakufuni ukululekwa.

2Umntu ufumana ulutho axhamle isiqhamo sokuthetha kwakhe; kambe ke
wona umnqweno wabantu abanganyanisekanga bubundlobongela.

3Lowo uwubopha ngomkhala umlomo wakhe ukhusela ubomi bakhe; kanti ke
yena othetha gqitha uyazenzakalisa.

4Ivila liyanqwenela lingazuzi nto noko; kambe yena umntu okhutheleyo
uyalangazelela aneliseke.

5Ilungisa libuthiyile ubuxoki, ukanti yena umntu okhohlakeleyo uthanda
amanyondololo namahlazo.

6Ubulungisa bulondoloza ihambo yomntu othe ngqo; kanti ke inkohlakalo
iyambhukuqa umoni.

7Abanye abantu ngathi zizityebi kanti abananto; bambi ke ngathi
bahlwempuzekile kanti ke bemi kakuhle.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Kusenokwenzeka ukuba ubutyebi bomntu bube yintlawulo yobomi bakhe;
kanti ke lona ihlwempu alazani nokugrogriswa.

9Isibane selungisa siqaqambile; ke sona esomntu okhohlakeleyo siyancumeza.

10Ikratshi liphembelela ingxabano; ke bona ubulumko buzuzwa ngabo
bamkela iingcebiso.

11Ubutyebi obufumaneka bumini buphuncuka lula; obufumaneka ngendlela
ecothayo buya busanda ngokwanda.

12Umnqweno ongafezekiyo uyamngcungcuthekisa umntu; kanti ke
wakufezeka umnqweno ufana nomthi onika ubomi.

13Umntu ozidelayo iziluleko uzibizela intshabalalo; kambe ke yena
owuhlonelayo umyalelo uya kuba nomvuzo.

14Imfundiso yesilumko ngumthombo wobomi, kuba umntu imhlangula
kwizabatha zokufa.

15Umntu oqiqayo uyahlonelwa; kanti ke yona indlela yabangathembekanga
iyadaka.

16Umntu onengqondo uyaqiqa phambi kokuba ayenze into, kodwa yena
umntu osisiyatha uyabudandalazisa ubutyhakala bakhe.

17Umthunywa ongathembekanga uzifaka enkathazweni; kambe ke yena
onyanisekileyo uzisa ukuphila.

18Umntu ongakhathalele ngqeqesho ulandelwa kukuhlazeka nobuhlwempu,
ke yena oziphulaphulayo iziluleko uyahlonelwa.

19Ukufezeka komnqweno luyolo emphefumlweni. Iziyatha ziyakucekisa
ukwahlukana nobubi.

20Umntu ovana nezilumko naye uba sisilumko; ke yena otshomana
nezityhakala uyenzakala.

21Umoni uthiwa mbende ngamashwa, kanti ke yena olungisayo uvuzwa
ngenkqubela.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22Umfo obhadlileyo ubashiyela ilifa abazukulwana bakhe, ke bona ubutyebi besityhakala lilifa lamalungisa.

23Umhlaba oqala ukulinywa ungawanika ukudla okuninzi amahlwempu, kambe ke xa kungekho bulungisa kutshayelwa kuphele.

24Umntu ongalusebenzisiyo uswazi umthiyile umntwana wakhe; kanti ke yena omthandayo uyamqeqesha ngokufanelekileyo.

25Umntu olilungisa utya aneliseke, ukanti isisu sokhohlakeleyo sambathwa liphango.

Izafobe 14

1Umfazi onobulumko uyawakha umzi wakhe; kanti ke yena ongenangqondo uyawuchitha ngezakhe izandla.

2Ohlonela uNdikhoyo uhamba ngokuthe tye; ke yena omdelayo iindlela zakhe ziphambukile.

3Umntu onekratshi ukuthetha kwakhe kumhlisela ukohlwaywa; ke wona amazwi esilumko ayasikhusela.

4Apho kungekho nkabi zankomo umkhombe wesitali uba zé; ngamandla enkabi yenkomo kunokuzuzwa ingeniso eninzi.

5Ingqina elinyanisekileyo alibuthethi ubuxoki, kodwa ke lona elixokayo liphuphuma lulwimi.

6Umgxeki ubufuna ancame ubulumko, kanti ke yena umntu oqiqayo uluzuza lula ulwazi.

7Musa ukutshomana nomntu osisiyatha, kuba awuyi kuzuza nto ibhadlileyo emlonyeni wakhe.

8Ubulumko bomntu onengqondo bumenza ayichane indlela yakhe; ukumatha komntu osisityhakala kubanga inkohliso.

9Idini letyala elenziwa zizimathane yintlekisa, kanti ke abathe ngqo baxhamla imvisiswano.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

10Intliziyo nganye iyabazi obayo ubukrakra, kanti akukho bani wahlulelana nayo ngovuyo lwayo.

11Umzi womntu okhohlakeleyo uya kutshatyalaliswa; ke wona umzi womntu othe ngqo uyabalasela.

12Kukho indlela ebonakala ngokungathi ilungile emntwini, kodwa isiphelo sayo sisa ekufeni.

13Nokuba ubani uyahleka usenokuba nomva-ndedwa, nesiphelo soko kuchwayita sibe sisingqala.

14Umntu onganyanisekanga uvuna loo nto ayilimileyo, kanti nomntu olungileyo utya isimilo sakhe.

15Umntu ongaqondiyo ukholelwa yinto yonke; kanti ke yena oqiqayo uhlab' ekhangele.

16Umntu onengqondo uhlala egcisile, ayiphephe inkathazo; ke sona isityhakala asikhathali, siyatyhuthuza.

17Umntu ocaphuka msinya wenza izinto zobudenge; umntu onobuqhopholo uyathiywa.

18Umntu ongaqondiyo uvuna ubutyhakala; ke yena onengqondo uthiwa jize ngolwazi.

19Abantu abagwenxa baya kuqubuda phambi kwabo balungileyo, bakhahlele emasangweni amalungisa.

20Ihlwempu libukulwa nditsho nangummelwane; kanti ke yena umntu omi kakuhle unezihlobo ezininzi.

21Umntu omdelelayo ummelwane wakhe uyona, kambe ke olenzela ububele ihlwempu, hayi inyhweba yakhe!

22Abayi kulahleka na abo bayila ububi? Inceba nenyaniso ikwabo baceba okulungileyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

23Ekubulalekeni kukusebenza kukho umvuzo; ke yena olibala kukuncokola wambathwa bubuhlwempu kuphela.

24Abantu abazizilumko bathiwa jize ngobutyebi; ke bona ubutyhakala beziyatha buvelisa ubutyhakala.

25Ingqina elinyanisekileyo liyabasindisa abantu; kodwa ke lona elixokayo liyakhohlisa.

26Umntu omhlonelayo uNdikhoyo unenqaba eluqilima; nabantwana bakhe bazimela kuyo.

27Isiseko sobomi kukuthobela uNdikhoyo; umntu kuyamphephisa kwizirhintyelo zokufa.

28Ubuhandiba bokumkani buxhomekeke kubuninzi babantu bakhe; kambe bengekho abantu bokulawulwa itshawe alinto.

29Umntu onomonde uba nengqiqo; kambe ke yena ocaphuka msinya usuka enze ubudenge.

30Umntu ozolileyo uba nempilo; ke lona ikhwele yimpehla emathanjeni.

31Umntu ocinezela ihlwempu ugxeka uMdali walo; ke yena obalungiselelayo abahlelelekileyo udumisa uMdali.

32Umntu okhohlakeleyo ubhangiswa bububi bakhe; kanti ke yena olilungisa unenqaba azimela ngayo nasekufeni.

33Ubulumko busekhaya kumntu obhadlileyo; kanti buyazibika naphakathi kweziyatha.

34Ubulungisa buyasiphakamisa isizwe; ke sona isono lihlazo nakwesiphi na isizwe.

35Ukumkani uyakholiswa liphakathi elilumkileyo, kodwa umsindo wakhe uyavutha kowenza okuziintloni.

Izafobe 15

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[1]Impendulo ethambileyo iyawuthibaza umsindo, kanti ke wona amazwi akrwempayo ahlobisa igazi.

[2]Izilumko ziphokoza ulwazi xa zithethayo; kanti ke zona izityhakala zithulula ubudenge.

[3]UNdikhoyo uyazibona zonke izinto ezenzekayo; ubakhangele abenza okubi nokulungileyo.

[4]Amazwi axolelanisayo angumthi wobomi; ke wona awenkohlakalo ayawaphula umoya.

[5]Umntu ongaqiqiyo akayikhathalele imfundiso kayise; kambe ke yena ozamkelayo iziluleko unengqondo.

[6]Ubutyebi buyagcinakala emzini womntu olungileyo; kanti ke yona ingeniso yesikhohlakali isiphathela inkathazo.

[7]Umlomo wesilumko usasaza ulwazi; phofu ke akunjalo kwintliziyo yesityhakala.

[8]Amadini omntu okhohlakeleyo alisikizi kuNdikhoyo, kambe ke uyayamkela imithandazo yabantu abathe ngqo.

[9]UNdikhoyo uyazicaphukela iindlela zabantu abakhohlakeleyo, kodwa uyabathanda abo bathene mbende nezinto ezifanelekileyo.

[10]Umntu ophambukayo endleleni wohlwaywa qatha; ke yena okuthiyileyo ukululekwa uya kufa.

[11]Ingcwaba nelabafileyo azifihlakalanga kuNdikhoyo; zibeka phi ke ukungafihlakali iingcamango zomntu kuye?

[12]Abagxeki abafuni kucetyiswa, bengafuni nokuya nakwizilumko.

[13]Umntu oxolileyo ukhangeleka enemihlali, kanti ke yena oneenzingo uyanxuba.

[14]Umntu onengqondo usoloko elangazelela ukufunda; kanti ke sona isidovela saneliswa kukumatha.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15Yonke imihla yomntu olusizana ngamabona-ndenzile, kambe ke kumntu
ochwayithileyo ubomi busoloko bufana netheko.

16Kubhetele ukuba lihlwempu elihlonela uNdikhoyo kunokuba sisinhanha
esiphethwe ngamaxhala.

17Xa ukho umoya wobudlelwana akunani nokuba utya imifuno, ndaweni
yokutya inyama yenkomo etyetyisiweyo ikhatshwa yintiyo.

18Umntu onephuku uphembelela uqhushululu; kanti ke yena onomonde
uyayiphelisa ingxabano.

19Indlela yevila soloko ibekelwe ameva; phofu ke yona eyabathe ngqo
iphangalele.

20Unyana olumkileyo uyamvuyisa uyise; ke yena umntu osisiyatha uyamdela
unina.

21Umntu ongabhadlanga engqondweni uvuyiswa bubi, ke yena onengqondo
ihambo yakhe ithe ngqo.

22Apho kungekho kucebisana izicwangciso ziyabhanga, kanti ke apho kukho
abacebisi abaninzi ziyaphumelela.

23Hayi ukuvuya komntu oyaziyo impendulo echanekileyo! Ewe, ilizwi
elithethwe ngexesha elililo lihle kunene.

24Indlela yomntu onengqondo isinga phezulu ebomini; yena uyayiphepha
indlela ehlayo eya kwelabafileyo.

25UNdikhoyo uyayidiliza imizi yabantu abanekratshi; kanti ke uyawukhusela
umhlaba womhlolokazi.

26UNdikhoyo uyazicaphukela iingcinga zabantu abagwenxa; kanti ezabanyulu
zamkelekile kuye.

27Umntu onyolukileyo uyihlisela inkathazo indlu yakhe; ke yena okuthiyileyo
ukunyotywa uya kudla ubomi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[28]Umntu olilungisa uyacinga phambi kokuba aphendule; ke wona umlomo womntu okhohlakeleyo uphuphuma ububi.

[29]UNdikhoyo ukude kubantu abakhohlakeleyo; phofu ke uyayiphulaphula imithandazo yamalungisa.

[30]Imbonakalo echwayitileyo izisa ulonwabo entliziyweni; ibe ke zona iindaba ezimnandi ziyahlaziya emathanjeni.

[31]Umntu ophulaphula ukucetyiswa uya kudla ubomi, azive esekhaya phakathi kwezilumko.

[32]Umntu ongayifuniyo ingqeqesho uyazilimaza yena ngokwakhe: kanti ke yena ovayo akululekwa uzuza ukuqonda.

[33]Ukuhlonela uNdikhoyo kufundisa ubulumko; indlela eya ewongeni yintobeko.

Izafobe 16

[1]Umntu uyazenza izicwangciso, kodwa lona ilizwi lokugqibela lelikaNdikhoyo.

[2]Zonke iindlela zomntu zilungile kwawakhe amehlo, kodwa nguNdikhoyo ocikida iinjongo zazo.

[3]Kunikele kuNdikhoyo konke okwenzayo, yaye ke yena uya kuziphumelelisa izicwangciso zakho.

[4]UNdikhoyo unenjongo ngayo yonke into; ewe, kwanomntu lo ukhohlakeleyo umenzele imini yobubi.

[5]UNdikhoyo umthiyile umntu ontliziyo inekratshi; ngokuqinisekileyo ngekhe agwetyelwe.

[6]Ngako ukuthembeka nokunyaniseka isono siyacanyagushelwa; ngokuhlonela uNdikhoyo umntu uyabucezela ububi.

[7]Ukuba uNdikhoyo uyakholiswa yihambo yomntu neentshaba zakhe zitsho zihlalisane naye ngoxolo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Akunani kwaintwana engephi oyizuze ngendlela elungileyo kunentabalala yengeniso oyifumene ngondlela-mnyama.

9Umntu uyalucwangcwisa uhambo lwakhe, kodwa nguNdikhoyo olawula ukunyathela kwakhe.

10Ukuthetha kukakumkani kuba ludaba olundilisekileyo; umlomo wakhe mawungabi naxanasi xa agwebayo.

11UNdikhoyo ufuna kusetyenziswe isilinganiso nesikali esingenagobe; ubunzima bamatye okuveyisha mabube ngokwezigqibo zakhe.

12Ookumkani bayabucekisa ubugwenxa; kaloku uburhulumente buzinziswa bubulungisa.

13Ookumkani bayakholiswa ngumntu onyanisekileyo; ewe, bayamxabisa umntu othetha inyaniso.

14Umsindo kakumkani sisigidimi sokufa; ke yena umntu olumkileyo uyamthomalalisa.

15Xa bukhululekile ubuso bukakumkani kudliwa ubomi; ukwamkeleka kuye nqwa nemvula entlakohlaza.

16Kulungile ukuzuza ubulumko kunokufumana igolide; kungcono ukukhetha ulwazi kunokwamkela isiliva.

17Umntu othe ngqo uhamba ngendlela ebucezelayo ububi; ewe, oyalusayo indlela yakhe ulondoloza ubomi bakhe.

18Ikratshi lilandelwa yimbubho; ke kona ukudelela kutshayelela ukuwa.

19Akunani kwaukugqush' eluthulini nabahlelelekileyo kunokuxhaphaza amaxhoba nabakhukhumeleyo.

20Umntu oyinonophelayo imfundiso uyaphumelela; ewe, yimihlali yodwa kokholosa ngoNdikhoyo.

21Isilumko esizinzileyo siduma ngengqondo; ubuciko baso busenza silandelwe ngabantu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22Ingqiqo ngumthombo wobomi kwabo banayo; kambe ke imfundiso yeziyatha bubudenge.

23Isilumko siyawabala amazwi esiwathethayo; intetho yaso isenza silandelwe ngabantu.

24Amazwi amyoli nqwa nobusi; ayanandipheka emphefumlweni, ephilisa emathanjeni.

25Kukho indlela ebonakala ngokungathi ilungile emehlweni abantu, kodwa isiphelo sayo sisa ekufeni.

26Indlala imenza umntu ukuba asebenze; ewe, iphango limtyhalela ekuxelengeni.

27Itshijolo lihlala liqingqa ububi; kwa-amazwi nje alo agqatsa njengomlilo.

28Umntu onobugwenxa udala ingxabano; umntu ohlebayo wahlukanisa izihlobo.

29Indlavini iyamkhukulisa ummelwane, imkhokelele kwimikhuba ephuthileyo.

30Omana ewancina amehlo uceba ubugwenxa; ohlala eluma umlomo utyekele ebubini.

31Izimvi sisithsaba sobuhandiba; zizuzwa ngabaphila ngobulungisa.

32Onomonde ulungile kunegorha; olawula umsindo wakhe ungcono kunothimba isixeko.

33Abantu basenokulenza iqashiso, kanti ke ngumnwe kaNdikhoyo ofezekisayo.

Izafobe 17

1Akunani kwaukutya iqhekeza lesonka uxolile kunokuba semzini ozele yinyama yamadini kodwa kugquba imbambano.

2Isicaka esinobulumko sifumana amagunya ngaphezu konyana oza namahlazo, size naso sibe nenxaxheba elifeni njengabanye oonyana.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

3Isiliva ivavanywa ngokuyinyibilikisa embizeni; igolide ivavanywa ezikweni
lomlilo; kodwa yona intliziyo yomntu ivavanywa nguNdikhoyo.

4Umenzi wobubi uyawuphulaphula umlomo onenkohliso, kanti ke ixoki
liyibazela iindlebe intetho eyenzakalisayo.

5Umntu ohlekisa ngehlwempu ugxeka uMdali walo; umntu ozivuyelayo
iinkxwaleko zabanye uyohlwaywa.

6Abazukulwana libhongo lookhokho, kanti ke igugu labantwana ngabazali.

7Amazwi obuciko akanakufumaneka emlonyeni wesiyatha; amazwi obuxoki
akalindelekanga emilebeni yesikhulu.

8Ukunyoba kufana nomlingo kulowo ukwenzayo; uba kuza kumphumelelisa
naphi na apho aya khona.

9Obugubungelayo ubugwenxa uzicengezelela ukuthandwa, kodwa lowo
umana ewunokoza umcimbi uchitha ubuhlobo.

10Ukukhalinyelwa kuyamakha umntu onengqondo, kunokuba imivumbo
elikhulu injalo kwisiyatha.

11Umvukeli uqhwaya ingxwaba-ngxwaba; ke ngoko uthunyelwa isigidimi
esingenanceba.

12Kubhetele ukuhlangana nebhere eyohluthwe amathole ayo,
kunokuhlangana nesityhakala sisenza ubudenge.

13Umntu ophindezela ubuhle ngobubi soze yahlukane nelishwa indlu yakhe.

14Ukuphemba inkathazo kufana nokuqhekezwa kodonga lwedama; ngoko ke
nyawuka ingekakongameli.

15Okhulula umntu onetyala nogweba umntu omsulwa bobabini uNdikhoyo
uyabacekisa.

16Kunceda ntoni ukuba isiyatha siphathe imali, sifune ulwazi, kanti
asinangqondo?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Umhlobo unothando ngamaxesha onke; ke yena umntakwenu uzalelwe
ukuba nawe kwiimbandezelo.

18Ngumntu ongenangqondo obamba isandla ebhambathisa, emela ityala
lommelwane.

19Umntu othanda ingxwaba-ngxwaba uthanda ubugwenxa; umntu osoloko
eqhayisa ngezinto zakhe uzibizela iingxaki.

20Umntu ontliziyo ikhohlisayo akabi nampumelelo; kanti nomntu ontetho
ikrwada ungena enkathazweni.

21Yinto ebuhlungu ukuba nonyana ongenangqondo; uyise wesityhakala soze
onwabe.

22Umntu onentliziyo echwayitileyo uba nempilo; kanti ke wona umoya
odakumbileyo uyimpehla emathanjeni.

23Umntu okhohlakeleyo uyanyotywa ngasese, usuke ke wona umthetho
ugqwetheke.

24Umntu onengqondo unonophela ubulumko; ke sona isityhakala amehlo aso
athi elapha abe ephaya.

25Unyana osisiyatha uzisela uyise ukukhathazeka; kanti ke ungumva-ndedwa
kunina omzeleyo.

26Yinto embi ukuhlawulisa abantu abamsulwa; kuyalumeza ukohlwaya
izikhulu ezithembekileyo.

27Umntu onengqondo uyawakhetha amazwi akhe, kanti ke nomntu oqondayo
uhlala epholile.

28Kanti ke nesiyatha sicingelwa ukuba sisilumko ukuba asithandi kuthetha;
kaloku umntu othuleyo ubalelwa ukuba yingqondi.

Izafobe 18

1Umntu ozahlulayo kwabanye ujongana nokwakhe ukulungelwa; uwasengela
phantsi onke amacebiso aphilileyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

2Umntu osisiyatha akanamdla wakuqonda nto – nto angxamele ukuyenza kukuvakalisa ezakhe iimbono.

3Xa kuvela umntu okhohlakeleyo ngokunjalo nokudelela kuthath' indawo; ukuphoxa ke kuhambisana nehlazo.

4Amazwi omlomo womntu anjengesiziba samanzi; kambe ke umthombo wobulumko yintlambo enkcenkcezayo.

5Yinto embi ukuba nesheyi kumntu onenkohlakalo; akulunganga ukumenzela igobe umntu omsulwa.

6Ukuthetha komntu osisiyatha kuzala ingxwaba-ngxwaba; amazwi akhe ambizela ukubethwa.

7Ukuthetha komntu osisityhifili kumzisela inkathazo; umlomo wakhe ngumgibe wakhe.

8Amazwi entlebendwane ayanambitheka; ahla kamnandi athi ngcoo embilinini.

9Umntu owuphath' ewuyeka umsebenzi wakhe uyintlaka nexolo notshabalalisayo.

10UNdikhoyo ngumqolomba: bazimela kuye abalungisayo, basinde.

11Izinhanha zicinga ukuba ubutyebi yinqaba yazo; kuzo ngathi buludonga oluphakamileyo lokuzifihla.

12Ikratshi lomntu lilandelwa yintshabalalo; ke lona udumo lukhokelwa yintobeko.

13Ophendula engevanga kuqala bubudenge obo kuye nehlazo.

14Umoya onganikezeliyo wenza ukuba umntu amelane nokufa. Ke wona umxhelo xa uwile ngubani ongawuvuselelayo?

15Umntu onengqiqo ufunana nolwazi; ewe, iindlebe zezilumko zibazele lona.

16Xa ufuna ukuviwa ngabo basemagunyeni phatha umngena-ndlwini xa uya kubo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Intetho yommangali etyaleni iba ngathi iyavakala, xa engekaphicothwa ngemibuzo.

18Liphelisa ingxabano iqashiso, libahlule abantu abanamandla.

19Isizalwana esikhutyekisiweyo silukhuni ngaphezu kwesixeko esinqatyisiweyo; ingxabano yabazalanayo injengemivalo yamasango enqaba.

20Umntu uzalisa iphango lakhe ngeziqhamo zokuthetha kwakhe; uhlutha sisivuno somlomo wakhe.

21Ukuthetha komntu kulawula ukuphila nokufa; ke othetha kakhulu uvuna iziqhamo zaloo nto.

22Umntu ofumene umfazi uzuze okulungileyo; ewe, ufumene okukholekileyo kuNdikhoyo.

23Ihlwempu liyacenga libongoze, ukanti ke sona isinhanha siphendula rhabaxa.

24Iitshomi ezininzi ziyamvuthulula umntu; kanti ke sikho sona isihlobo esithembekayo kunomntakwenu.

Izafobe 19

1Akunani kwaukuhleleleka unyanisekile kunokuba sisiyatha esinganyanisekanga.

2Ukutyhuthuzela kungekho kuqonda akulunganga; onyawo zingxamileyo uyayiphosa indlela.

3Ubuyatha bomntu buyabulimaza ubomi bakhe, aze ke entliziyweni yakhe asole uNdikhoyo.

4Isinhanha siba nezihlobo ezininzi, kodwa lona ihlwempu libalekwa nazezikhoyo.

5Ingqina elixokayo liyohlwaywa; umntu ongathethi nyani enkundleni akasindi.

6Baninzi abacenga izikhulu; bonke abantu bazizihlobo zomntu ophayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

7Ihlwempu alifunwa nangabakowalo; yeka ke ukungafunwa kwalo zizihlobo!
Noba selizifuna linezicengo soze lizifumane.

8Ozingela ubulumko uyazithanda ngokwakhe; okuxabisileyo ukuqonda uzuza
ukonwaba.

9Ingqina elixokayo liyohlwaywa; umntu ongathethi nyani enkundleni
uyatshabalala.

10Isiyatha asifanelwa kukuthi zava – kobeka phi ukuba kubi kokuba
amatshawe aphathwe sisicaka?

11Umntu onengqondo akacaphuki msinya; kuye linqaku ukungakhathali noba
selesoniwa.

12Umsindo kakumkani unjengokugragrama kwengonyama; ke kona
ukwamkeleka kuye kunjengombethe phezu kohlaza.

13Unyana osisiyatha uyamtshonisa uyise; kanti ke yena umfazi onochuku
ufana nendlu enethontsi.

14Indlu nobutyebi lilifa looyise, kodwa umfazi onengqondo uvela
kuNdikhoyo.

15Ubuvila bufuthanisela umntu ngobuthongo; ukanti ke umntu ongasebenziyo
ubhuqwa yindlala.

16Umntu ozithobelayo iziluleko uzuza ubomi; ke yena ongayikhathaleliyo
ihambo yakhe uyafa.

17Umntu opha ohlelelekileyo ufana noboleka uNdikhoyo; uNdikhoyo uya
kumbuyisela.

18Mqeqeshe unyana wakho, kuba oko kunika ithemba, kodwa ke
ungagabadeli ude umbulale.

19Umntu ocaphuka msinya uvuna loo nto ayilimileyo; ukuba ukhe wamnceda
kwaba kanye uya kuphinda-phinda.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[20]Waphulaphule amacebiso, ukwamkele ukululekwa – ekugqibeleni uya kuba nobulumko.

[21]Umntu uyaceba acwangcise entliziyweni yakhe, kodwa ke licebo likaNdikhoyo eliphumelelayo.

[22]Umntu uzilahlela kuloo nto ayinqwenelayo; phofu akunani kwaukuba lihlwempu kunokuba lixoki.

[23]Obona bomi kukuhlonela uNdikhoyo; umntu owenjenjalo uyazonwabela, inkathazo ingamchaphazeli.

[24]Ivila liyakha esityeni, kodwa lingabi nako ukusa emlonyeni.

[25]Mohlwaye umntu odelelayo, ukuze bazuze ukuqonda abangekabi namava; isilumko siyafunda sakululekwa.

[26]Unyana ophatha gadalala uyise, agxothe unina, ngunyana olihlazo nonamanyondololo.

[27]Nyana wam, ukuba uthe walutyeshela uqeqesho, uya kuphulukana namazwi anolwazi.

[28]Ingqina elingungantweni liyabugqwetha ubulungisa; okuphuma emlonyeni womntu okhohlakeleyo bububi bodwa.

[29]Umgxeki ufanelwe kukugwetywa; ke sona isiyatha silindelwe kukutyatyushwa emhlana.

Izafobe 20

[1]Iwayini ngumgxeki; utywala yingxolo; umntu ohexiswa bubo akanabo ubulumko.

[2]Ukumkani xa enomsindo nqwa nengonyama enengcwangu egragramayo; umntu omcaphukisayo ubeka ubomi bakhe emngciphekweni.

[3]Umntu onesidima uyasicezela isiphithi-phithi; kanti ke sona isiyatha siyathanda ukuphemba uqhushululu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Ivila alilimi ngexesha lokulima; ngoko ke ngexesha lokuvuna liyafuna
lingazuzi nto.

5Iingcinga zomntu zifana nequla elinzulu; ke yena umntu oqiqayo ukha
ulutho kuzo.

6Baninzi abantu abazincoma ukunyaniseka; kodwa ke ungamzuza phi umntu
othembekileyo?

7Umntu olilunga uphila ubomi obungenabala; bayathamsanqeleka abantwana
bakhe abamlandelayo.

8Ukumkani ohleli kwisihlalo sokugweba uhluza ububi bonke ngamehlo akhe.

9Ngubani ongatshoyo athi: “Intliziyo yam ihlambulukile; ndinyulu, ndaye
ndingenasono”?

10Amatye okuveyisha anobuqhetseba nezilinganiso ezinegobe, zombini ezo
zinto uyazicekisa uNdikhoyo.

11Nditsho kwaumntwana waziwa ngokuziphatha kwakhe – zizinto azenzayo
ezixela ukusulungeka nokuthi ngqo kwesimilo sakhe.

12Indlebe evayo neliso elibonayo, zombini ezo zinto zenziwe nguNdikhoyo.

13Sukuzinikela ebuthongweni hleze ube lihlwempu! Umntu ophaphamileyo
akasweli kutya.

14“Hayi bo, ayilunganga kwaphela,” utsho othengayo, kodwa asuke emke
alilisele ngesisulu asifumeneyo!

15Ikho igolide, ngokunjalo namatye amaninzi axabisekileyo; kanti ke eyona
nto ixabisekileyo kukuthetha ulwazi.

16Zithathe iimpahla zomntu omele ityala londwendwe; ewe, bambisa ngazo,
kuba umele umntu wasemzini.

17Ukutya okufunyenwe ngobuqhetseba kuhla kamnandi, kanti ke kamva
kusuka kulumeze okomlomo ozele yintlabathi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

18Xa ufuna ukuphumelela qokelela amacebo; ewe, cwangcisa uqokelele amacebo phambi kokuba uqhwaye imfazwe.

19Umntu onolwimi uyawadiza amahlebo, ngoko ke sukudlelana nabantu abathetha gqitha.

20Umntu othuka uyise nonina ubomi bakhe busuka buthi pam njengesibane esicime kwisithoko-thoko sobumnyama.

21Ilifa lisenokuzuzwa buphuthu-phuthu ekuqaleni, kodwa ekugqibeleni alingekhe likuzisele amathamsanqa.

22Musa ukuthi: “Ndiya kuziphindezela ngenxa yobu bugwenxa.” Yekela kuNdikhoyo ibe nguye okuhlangulayo.

23UNdikhoyo uyawacekisa amatye okulinganisa abunzima bungafaniyo; isikali sobuqhetseba asilunganga.

24Umntu akanako ukuyiqonda indlela ayihambayo, kuba amabakala obomi bakhe axhomekeke kuNdikhoyo.

25Kufana nomgibe emntwini xa enikezele ngento kuNdikhoyo buphuthu-phuthu, aze kamva acinge ngenye indlela ngezibhambathiso zakhe.

26Ukumkani olumkileyo uyabahluza abantu abakhohlakeleyo, abanyhashe oku kwevili lokubhula.

27Isazela somntu sisibane sikaNdikhoyo; ngaso uphicotha konke okufihlakeleyo ngaphakathi emntwini.

28Ukumkani ukhuselwa kukunyaniseka nenceba; isihlalo sakhe sobukhosi sixhaswa bububele.

29Isihomo samadoda amatsha ngamandla awo; kanti ke sona isithozela samadod' amakhulu zizimvi.

30Imivumbo neenduma zahlukanisa umntu nobubi; ukubethwa kuhlambulula ububi obungaphakathi emntwini.

Izafobe 21

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[1]Ingqondo kakumkani isesandleni sikaNdikhoyo; uyilawula ngokuthanda kwakhe, ngathi kukuhamba komlambo.

[2]Zonke iindlela zomntu zibonakala zilungile kwawakhe amehlo, kanti ke nguNdikhoyo oyibeka esikalini intliziyo yomntu.

[3]Ukwenza ubulungisa nokuthe ngqo kwamkelekile kuNdikhoyo kunamadini.

[4]Amehlo azigwagwisayo nentliziyo ezidlayo, nditsho isibane sezikhohlakali, sisono.

[5]Amacebo omntu okhutheleyo amnika indyebo, kodwa ke yena umntu otyhuthuzayo uzibizela ubuhlwempu.

[6]Ubutyebi obufumene ngobuqhetseba buphephetheka njengenkungu, futhi bukubeka emngciphekweni wokufa.

[7]Ubundlobongela bezikhohlakali buyaziqweqwedisa, kuba azivumi ukwenza okufanelekileyo.

[8]Iindlela zomntu onetyala zigoso-goso, kodwa ke yena umntu omsulwa wenza imisebenzi efanelekileyo.

[9]Akunani kwaukuhlala wedwa, noba kuphezu kwendlu, ndaweni yokuhlala ndlwini-nye nomfazi ongunogqwashu.

[10]Umntu okhohlakeleyo usoloko elambele ukwenza into embi; ummelwane wakhe akafumani nceba kuye.

[11]Akohlwaywa umgxeki, nabangaqondiyo batsho bafumane isifundo; sakufundiswa isilumko, sizuza ukwazi.

[12]UThixo olilungisa uyazazi izinto ezenzeka kwimizi yabantu abakhohlakeleyo, yaye ke eya kuzibhangisa izikhohlakali ngenxa yobubi bazo.

[13]Umntu ongaphulaphuliyo xa amahlwempu ezibika naye akayi kuhoywa xa esengxakini.

© 1996 Bible Society of South Africa.

14Isipho umntu asinikwa ngasese sithomalalisa umsindo; ewe, isicengo esigushiweyo sithothisa ingqumbo.

15Umntu olungileyo uyavuya xa izinto ziqhutywa ngokusemthethweni, kambe ke abenzi bobubi baya kunkwantya.

16Umntu obhadulayo, emke kwiindlela zengqiqo, uzifumanisa selekwisikhungu sabafileyo.

17Umntu othanda iziyolo uya kuba lihlwempu; kanti ke yena umntu othanda iwayini namafutha omnquma soze abe sisityebi.

18Kulula ukuncama umntu okhohlakeleyo ngenxa yolungileyo, othembekileyo athathe isikhundla songathembekanga.

19Kubhetele ube lilolo entlango, kunokuhlala nomfazi onochuku okhalazayo.

20Endlwini yesilumko kusoloko kukho ubuncwane namafutha omnquma, kodwa sona isiyatha sizavaza konke.

21Umntu oxunela ubulungisa nenceba ufumana ubomi nobulungisa nodumo.

22Isilumko siqabela ngaphaya kweendonga zesixeko samagorha, siyidilize inqaba athembele kuyo.

23Lowo uwubambayo umlomo wakhe nolwimi lwakhe ukhusela ubomi bakhe kwiinkxwaleko.

24Umntu ozigwagwisayo enendelelo kuthiwa ngumgxeki – usisityhuthu-tyhuthu esingakhathalele mntu.

25Ivila elingafuni kusebenza lizibulala ngokwalo; kaloku izandla zalo ziqhokriwe ekusebenzeni.

26Umntu onjalo ulibala imini yonke kukucinga ngezinto azifunayo; kanti ke yena umntu olungileyo unezinwe uyapha.

27Idini elenziwa ngumntu okhohlakeleyo liyanyanyeka, ngakumbi xa elenza eneenjongo ezigwenxa.

© 1996 Bible Society of South Africa.

[28]Ingqina elixokayo liyabhanga; kanti ke lona ilizwi lomntu onyanisekileyo lihlala lihleli.

[29]Umntu okhohlakeleyo unobuganga bokuzicingela ukuba uyayazi into ayenzayo, onyanisekileyo uyayicingisisa ihambo yakhe.

[30]Ubulumko nengqondo kunye namacebo omntu akanakumelana nentando kaNdikhoyo.

[31]Amahashe angayiqeqeshelwa imfazwe, kodwa nguNdikhoyo onika uloyiso.

Izafobe 22

[1]Igama elihle lilungile ngaphezu kwentabalala yobutyebi; ukuba nesidima kungaphezu kwayo isiliva negolide.

[2]Umntu osisityebi nomntu olihlwempu ikho into ebadibanisayo: kaloku bobabini badalwe nguNdikhoyo.

[3]Umfo ohlakaniphileyo uthi akuyibona isiza ingozi ayiphephe; ke yena ongaqondiyo uthwabaza aye kungena kuyo, aze ke ave ubuhlungu yiloo nto.

[4]Ukuba uyazithoba, umhlonela uNdikhoyo, uya kuxhamla ubutyebi, isidima, nobomi.

[5]Indlela yamatshijolo iphahlwe ngameva nemigibe; ke yena umntu okhusela ubomi bakhe uyayicezela.

[6]Ukuba umntwana umqeqeshile ngendlela yokuziphatha, soze ahlukane nayo naxa selekhulile.

[7]Umntu osisityebi uyalilawula ihlwempu; nalowo ubolekayo likhoboka lalowo ubolekisayo.

[8]Umntu ohlwayela inkohlakalo uvuna iinkxwaleko, nentonga yomsindo wakhe iya kwaphuka.

[9]Umntu onezinwe uyathamsanqeleka, kuba kaloku uyawapha amahlwempu kukutya anako.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

10Wakumgxotha umgxeki itsho iphele ingxabano, ngokunjalo zitsho zinqamke iingxwaba-ngxwaba nokunyelisa.

11Umntu onyanisekileyo nontetho inambithekayo uyathandwa nditsho nangukumkani.

12Amehlo kaNdikhoyo ayalwalusa ulwazi; ke zona iintetho zabantu abaphixanisayo uyaziphanzisa.

13Ivila lithi: “Kukho ingonyama phandle! Ndobulawa ezitalatweni!”

14Umlomo womfazi ongakwaziyo ukuziphatha nqwa nenzonzobila yomhadi; ke bona abashwatyulelwe nguNdikhoyo batshona kuyo.

15Ingqondo yomntwana idla ngokunxaxha, kodwa ke into emlulekayo luswazi.

16Omnye ucinezela amahlwempu ngeenjongo zokwandisa ubutyebi bakhe, wumbi anikezele ngezipho kwizinhanha, kodwa bobabini baphelela ebuhlwempini.

Amazwi obulumko

17Wabazele iindlebe uwaphulaphule amazwi ezilumko, imfundiso yam uyibethelele entliziyweni yakho.

18Kaloku kumnandi xa unawo engqondweni yakho, ube nako ukumana ucaphula kuwo ungathintilizi.

19Ndikwazisa wona ke namhlanje, ukuze wena kanye ube nako ukukholosa ngoNdikhoyo.

20Ngoko ke nazi iingongoma endikubhalele zona zimashumi mathathu, ziqulethe ubulumko namacebiso.

21Ezi ngongoma ziya kukunceda ukwazi ukuyicalula inyaniso, utsho ukwazi ukunika ingxelo enyanisekileyo xa uthunyiwe.

22Musa ukuthi kuba umntu elihlwempu umxhaphaze; futhi sukumcinezela umntu ohlelelekileyo xa esematyaleni.

© 1996 Bible Society of South Africa.

23Kaloku uNdikhoyo ngokwakhe uya kuba ngummeli wabo, abaphange abo
babaphangayo.

24Musa ukuhlobana nomntu onephuku; sukuhambisana nonkom' iyahlaba.

25Kaloku xa usenjenjalo uya kugcayiseleka, nawe uzibhaqe sesikusulele eso
simo sakhe.

26Sukuyenza into yokubamba isandla ubhambathisa, umele ityala lomnye
umntu.

27Kaloku xa ungasenako ukuhlawula uya kuthinjwa wohluthwe nditsho
kwanebhedi olala kuyo.

28Ungaze uwugudlule umlima-ndlela wakudala owamiswa ngookhokho
bakho.

29Ungazibonela ngokwakho: umntu olichule emsebenzini usebenzela
ukumkani, akasoze asebenzele abantu abangenagama.

Izafobe 23

1Xa uthe wahlala phantsi ukuba udle nesikhulu, yaneliswa yiloo nto ibekwe
phambi kwakho.

2Xa ngaba ungumntu otya gqitha wubambe umqala wakho.

3Musa ukuzibawela izimuncu-muncu zakhe, hleze uzibizele ingozi ngazo.

4Musa ukuziqoba amandla ufunana nobutyebi, ungaphulukani nengqondo
yakho ngenxa yabo.

5Kaloku ubutyebi busuka buthi shwaka ngephanyazo; ungáde ucinge ukuba
busuke bantshula amaphiko bantinga njengokhozi.

6Musa ukutya ukudla komntu ovimbayo, ungazibaweli izimuncu-muncu
zakhe.

7Kaloku yena ngumntu apha osoloko ebala indleko. Noba angathi: “Yitya,
usele,” akathethi loo nto entliziyweni yakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[8]Ewe, iya kubuya yonke loo ntwana uyityileyo, ube uwalahlile naloo mazwi akho okuncoma.

[9]Musa ukulahla amazwi akho kumntu osisityhakala; kaloku uya kubudela ubulumko bamazwi akho.

[10]Ungaze uwugudlule umlima-ndlela wakudala, nomhlaba weenkedama musa ukuwohlutha.

[11]Kaloku uMkhululi wazo unamandla; nguye oya kubambana nawe ngenxa yazo.

[12]Zimisele ukuyiphulaphula ingqeqesho, uyibazele iindlebe yonke into oyifundiswayo.

[13]Sukuyekelela ukumqeqesha umntwana; ukuba uyamohlwaya ngoswazi akayi kufa.

[14]Kaloku ngokumohlwaya umntwana uhlangula ubomi bakhe ekufeni.

[15]Mfo wam, ndingonwaba kakhulu xa ingqondo yakho idlamkile.

[16]Ewe, ndingatsho ndibe nebhongo xa ndikuva uthetha izinto ezithe ngqo.

[17]Sukuziduba intliziyo ngabenzi bobugwenxa; nto mawuyenze wena kukuhlonela uNdikhoyo maxa onke.

[18]Xa usenjenjalo ngenene uya kuba nekamva, nethemba lakho aliyi kunqanyulwa.

[19]Mfo wam, phulaphula ukuze ube sisilumko; yigqale indlela oziphatha ngayo.

[20]Musa ukuvana nabantu abanxilayo; ngokunjalo nabanyolukileyo bacezele.

[21]Kaloku wona amanxila nezidla-kudla bayahlwempuzeka, namathongorha ambatha amadlavu.

[22]Mntwana wam, mphulaphule uyihlo owakuzalayo, ungamdeli nonyoko ekwaluphaleni kwakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

23Wakuyifumana inyaniso sukuthengisa ngayo; ewe, sukwahlukana nobulumko, ingqeqesho, kwanokuqonda.

24Unebhongo umzali womntwana olilungisa; ewe, umntwana osisilumko uligugu kubazali bakhe.

25Ngenene uyihlo nonyoko mabavuye ngawe – menze abe nemihlali lowo wakuzalayo.

26Yinikezele kum intliziyo yakho, mntwan' am; indlela endiziphethe ngayo mayibe semehlweni akho.

27Kaloku ihenyukazi ngumhadi onzulu, nomfazi oziphethe kakubi liqula elimxinwa.

28Ewe, uncathama oku kwesikrelemnqa, alongeze inani labakrexezi.

29Nguwuphi umntu osezintsizini nonesingqala, osoloko esezingxwaba-ngxwabeni ekhalaza; nditsho ofumana enzakale nje ngelize, umntu ongafik' etyofu-tyofu amehlo?

30Lowo ke ngulo mntu ungafika ejikelezana newayini, esoloko ezingelana newayini exutyiweyo.

31Inkangeleko ebomvu yewayini mayingakukhangi, noba ingade imenyezele endebeni – ewe, nditsho seyinambitheka, isihla kamnandi!

32Ekugqibeleni iwayini iluma njengenyoka, ibinza njengerhamba.

33Ikutsho ubone izinto ezingekhoyo, ushwaqe ubhude yonk' into.

34Ewe, ikutsho ube ngathi uphakathi elwandle, ube ngathi ujinga epalini ebamba iseyile yesikhephe.

35Uya kubuza uthi: “Ingathi ndibethiwe nje phofu? Hayi suka, ndingakhange ndive nje! Akwaba bendinganako ukuphinda ndiphakame, khe ndithi nje intwana ndiziqabule!”

Izafobe 24

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

[1]Musa ukumonela abantu abakhohlakeleyo ngezinto zabo, ungakunqweneli ukuzibandakanya nabo.

[2]Kaloku intliziyo yabo iyila ubundlobongela, nomlomo wabo uthetha ngokuvusa uqhushululu.

[3]Indlu yona yakhiwa ngobulumko, izinziswe ngengqondo.

[4]Lulwazi oluzalisa amagumbi endlu, itsho ivathiswe ngezinto ezintle nezixabisekileyo.

[5]Umfo osisilumko unamandla; ewe, indoda enolwazi iya isomelela ngokomelela.

[6]Phambi kokuba uye emfazweni hlala phantsi ucwangcise kuqala; uloyiso lungabakho xa unabacebisi abaninzi.

[7]Ubulumko yintsokotha kumntu osisiyatha; yena uyalabalaba xa kuxoxwa kwindibano ngasesangweni.

[8]Umntu osoloko eyila ukwenza ububi uya kwaziwa ngokuba nguSomayelenqe.

[9]Amayelenqe esidenge ayafadalala; ke yena umntu osoloko egxeka abanye uthiyiwe ngabantu.

[10]Ukuba unamathidala ngamaxesha eenkathazo, awunawo amandla okujongana nawo.

[11]Bahlangule abantu abaqweqwediselwa ekufeni; basindise abo bagxadazelela ekubulaweni.

[12]Mhlawumbi ungathi wena: “Besingazi nto ngale nto,” kodwa ke yena uThixo onganqatyelwa nto uyayibona inyaniso – ukujongile, yaye uyakwazi. Ke yena uvuza umntu ngokwezenzo zakhe.

[13]Mfo wam, butye ubusi, kuba bumnandi; ewe, incindi inencasa emlonyeni wakho.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Bukwanjalo ukuyola kobulumko: ukuba uthe wabufumana lotsho liqiniseke
ikamva lakho, nethemba lakho linganqanyulwa.

15Sukufana nesikhohlakali ngokulalela indlu yomntu olilungisa, nomzi wakhe
sukuwonakalisa.

16Noba angawa kangaphi na umntu olilungisa ubuya avuke; ke zona
izikhohlakali zikhubeka zitshabalale.

17Sukuluvuyelela lwakuwa utshaba lwakho, ungavuyi xa ulubona lukhubeka,

18hleze olo vuyo lwakho lube bububi emehlweni kaNdikhoyo, awurhoxise
umsindo wakhe kulo.

19Sukuvutha ngumsindo ngenxa yabantu abenza ubugwenxa, ungabamoneli
abantu abakhohlakeleyo ngezinto abanazo.

20Kaloku umenzi wobubi akanakamva; isibane sabantu abakhohlakeleyo siya
kucinywa.

21Mntwan' am, mhlonele uNdikhoyo, ngokunjalo nokumkani, ungadlelani
nabavukeli.

22Kaloku bona babhanga ngephanyazo, ibe ke akukho bani waziyo ukuba
botshatyalaliswa nini na nguNdikhoyo okanye ngukumkani.

Ingqokelela yobulumko

23Nanga amanye amazwi ezilumko: Yinto embi ukuba umgwebi ajonge ubuso
bomntu.

24Xa esuka athi konetyala: “Umsulwa wena,” abantu bayamthuka, zimgxeke
izizwe.

25Kambe ke yena umgwebi omohlwayayo umntu owonileyo uba nentsikelelo
kunye nenkqubela.

26Impendulo ethe gca nqwa nokuncamisa umhlobo emlonyeni.

27Qala ulungise ishishini lakho, ulime amasimi akho, emva koko wakhe indlu
yakho.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

28Sukuthi kungekho sizathu unike ubungqina obumtshonisayo ummelwane,
okanye ukhohlise ngomlomo wakho.

29Musa ukuthi: “Ndiya kwenza kuye njengoko enzile kum; ndiya
kumenzakalisa ngokwezenzo zakhe.”

30Ndathi ndihamba ndagqitha entsimini yevila; ewe, ndadlula kwisidiliya
somntu ongenangqondo.

31Sasitshone lé elukhuleni, sifuthwe nayinkunzane; ke lona udonga
olwalubiyele lwaludilikile.

32Ndakha ndee nqumama ndawubukela loo mhlola, ndacinga nzulu ndaza
ndafumanisa ukuba

33xa uthe: “Hayi noko, makhe ndithi qwaka, ndithi ntlithi kancinane, khe
ndisonge izandla, ndiphumle,”

34ubuhlwempu bosuka bukuchwechwele njengomkhuthuzi. Ewe, ihambo-
nzima iza kukuhlasela oku kwendoda exhobileyo.

Izafobe 25

USolomon usaqhuba

1Nezi ikwazizafobe zikaSolomon ezaqokelelwa ngamagosa kakumkani
uHezekiya wakwaJuda:

2Isihomo sikaThixo siphuhliswa zizinto eziyimfihlakalo; kambe ke sona
isidima sokumkani kukuphengulula imicimbi.

3Njengokuphakama kwesibhakabhaka nobunzulu bomhlaba, zikwanjalo
ukungabi nakugocagocwa iingcamango zookumkani.

4Wakuyicwenga isiliva, nengcibi itsho ikwazi ukuyisebenzisa;

5akukhiqwa amaphakathi aphuthileyo, ulawulo lokumkani lutsho ludume
ngokuzinza.

6Xa ukomkhulu musa ukuzigqatsa; sukuhlala endaweni yezikhulu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Kaloku kubhetele ukuba yena athi: “Nyukela apha,” kunokuba akususe kwindawo yezikhulu amatshawe ebukele.

8Sukungxamela enkundleni ngento oyibonileyo, hleze kuvele omnye umntu nabungqina bumbi, utsho uhlazeke ke wena.

9Xa usematyaleni nommelwane wakho musa ukudiz' imfihlelo oyixelelweyo,

10hleze uvelwe utsho uphoxeke, kuze ke ukuba negama elibi kwakho kuthane mbende nawe.

11Amazwi afanelekileyo nqwa neeapile zegolide ezithiwe nca kwisiliva.

12Isilumkiso esiwa kwindlebe evayo sifana necici legolide nesidanga segolide ecikizekileyo.

13Umthunywa onyanisekileyo kwabo bamthumayo uhlaziya inkosi yakhe oku kwekhephu ngexa lokuvuna.

14Umntu ozigwagwisa ngokupha omnye isipho angenaso ufana namafu anomoya angenamvula.

15Umlawuli uyacengeka ngumntu onomonde, namazwi athambileyo amenza anikezele.

16Wakufumana ubusi butye uzilinganisela, hleze bubuye wakubutya gqitha.

17Malungaquqi gqitha unyawo lwakho kwammelwana, hleze akruquke nguwe, akucaphukele.

18Umntu otshonisa ummelwana wakhe ngobungqina obubuxoki uyingozi nqwa negqudu, umkhonto, okanye utolo.

19Ukuthembela ngomntu ongathembekanga xa usenkathazweni kufana nezinyo elonakeleyo nonyawo oluqhwalelayo.

20Ukuculela umntu oneenzingo kufana nokumhambisa ze mhla kubandayo, okanye kunjengokonakalisa isoda ngokuyixuba neviniga.

21Xa ufumana utshaba lwakho lulambile, luphe ukutya; lwakunxanwa, luphe amanzi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

22Ngokwenjenjalo ke woba uluqhubela enguqukweni, noNdikhoyo wokuvuza.

23Umoya wasentla uzisa imvula, kodwa ke yona intlebendwane iza nengxabano.

24Akunani kwaukuhlala wedwa noba kuphezu kwendlu, ndaweni yokuhlala ndlwini-nye nomfazi ongunogqwashu.

25Iindaba ezimnandi ezivela kwelikude zihlaziya oku kwamanzi abandayo emntwini odiniweyo.

26Akoyiswa sisikhohlakali umntu olungileyo loo nto ifana nequla eligxobhekileyo okanye nomthombo ongcolisekileyo.

27Ukubutya kakhulu ubusi akulunganga; kukwanjalo ukuhlala uzifunela imbeko.

28Umntu owoyiswayo kukuzilawula usesichengeni oku kwesixeko esindonga ziwileyo.

Izafobe 26

1Ukuncoma isityhakala ngumhlola onjengokuba kusuke kukhithike ehlotyeni, okanye kune imvula ngexesha lokuvuna.

2Isishwabulo kungekho sizathu asiphumeleli; sifana nokundanda kwamahlankomo neenkonjane ezingahlali phantsi.

3Ihashe liyabethwa, ke yona idonki ilawulwa ngomkhala, kanti ke sona isinyabi sivuswa ngentonga.

4Sukuphendulana nesiyatha, hleze nawe lo uzibhaqe sewufana naso.

5Xa umntu ebuza umbuzo wobudenge mlinganisele, hleze azicingele ukuba usisilumko.

6Ukuthemba isidenge somthunywa kukuzenzakalisa nqwa nokuzinqumla imilenze.

7Iqhalo emlonyeni womntu ongaqondiyo lifana nomlenze ojingayo wesiqhwala.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[8]Ukuncoma isityhakala nqwa nokubophelela ilitye kwinkwitshi.

[9]Iqhalo emlonyeni wesiyatha nqwa nesebe elinameva esandleni senxila.

[10]Umntu oqesha isidenge okanye nabani na odlulayo akanankathalo, ufana nejoni elidubula nje nabani na.

[11]Umntu ophinda-phinda into yobudenge nqwa nenja ebuyela emhlanzweni wayo.

[12]Akunani kwaisityhakala kunomntu osisilumko kwawakhe amehlo.

[13]Ivila lithi: “Kukho ingonyama endleleni! Ewe, ingonyama ihla inyuka ezitalatweni.”

[14]Oku kocango oluvula luvaleke kwiihenjisi oluxhonywe kuzo linjalo ivila ukuqika-qikeka emandlalweni walo.

[15]Ivila liyakha esityeni, kodwa linqene ukufaka emlonyeni.

[16]Umntu olivila usisilumko kwawakhe amehlo; kuye ngathi ungaphezulu nakumadoda asixhenxe akwaziyo ukuphendula ngengqiqo.

[17]Umntu ogxuphuleka kwiingxabano zabanye ufana nomfo osuka athi nqaku inja ngeendlebe.

[18]Ufana negeza elidubula ngeentolo zomlilo

[19]umntu okhohlisa ummelwane wakhe aze ajike athi: “Hayi, bendiqhula nje.”

[20]Zakuphela iinkuni uyacima umlilo. Xa kungekho mntu uphixanisayo kuyaphela ukungevani.

[21]Ziinkuni ezivuthisa umlilo kwanjengokuba iintlantsi ziwavuthisa amalahle; ukwanjalo ke nomntu onochuku ukuphembelela ingxabano.

[22]Amazwi omntu ohlebayo anencasa; abantu basuka bawathi bimbilili.

[23]Amazwi alalanisayo efihla inkohlakalo nqwa nesitya somdongwe esigqunywe ngesiliva ngaphandle.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

24Umntu onentiyo usenokuyifihla ngendlela athetha ngayo, kodwa ngaphakathi abe esabambelele enkohlakalweni.

25Ewe, walumkele loo mazwi akhe amnandi, kuba intliziyo yakhe iyaphuphuma ngamanyondololo.

26Nokuba angayifihla intiyo yakhe ngenkohliso, kodwa inkohlakalo yakhe yona iya kudandalaza esidlangalaleni.

27Umntu owomba umngxuma kweyela kwayena kuwo. Lowo uqengqa ilitye losuka ligubungele kwayena.

28Umntu onolwimi uyabathiya abo abenzakalisayo; umntu okhohlisayo udala intshabalalo.

Izafobe 27

1Musa ukuqhayisa ngengomso, kuba akuyazi loo mini ukuba iya kukuphathela ntoni na.

2Yeka ibe ngomnye okuncomayo, ingabi ngowakho umlomo; ewe, mayibe ngowasemzini, kungaphumi emilebeni yakho.

3Amatye nesanti ngumthwalo onzima; kodwa kona ukucatshukiswa sisityhakala luxanduva olungaphezulu.

4Umsindo unenkohlakalo, ingqumbo sisiphango; kodwa ke akakho onokumelana nobukhwele.

5Akunani kwaisiluleko esisekuhleni kunothando olufihlwayo.

6Isihlobo sinyanisekile noba singade sikwenzakalise; siyakugqitha ukwangiwa kaninzi lutshaba.

7Umntu ohluthayo akabukhathalele nobusi, kanti ke olambayo ukufumana kunencasa nokutya okukrakrayo.

8Umntu okude nekhaya unjengentaka elahlekene nendlu yayo.

9Amafutha neziqholo zonwabisa intliziyo; ke lona ulonwabo oluzuzwa kumhlobo ziingcebiso ezinyanisekileyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[10]Ungaze wahlukane nezihlobo zakho, ungazilibali nezakowenu. Xa usengxakini sukubalekela kumntakwenu – isenokuba ngummelwane osondeleyo onokukunceda ngaphezulu komntakwenu okude.

[11]Yoba luvuyo kum, mfo wam, ukuba uthe waba sisilumko; ndotsho ndibe nako ukubaphendula abo bandigxekayo.

[12]Umntu ondwebileyo uthi akuyibona ayicezele ingozi, kanti ke yena ongaqiqiyo uphoseka kuyo enzakale.

[13]Zithathe izambatho zomntu omele ityala londwendwe; ewe, bambisa ngazo kuba umele umntu wasemzini.

[14]Umntu okhahlela ummelwana wakhe ngemibuliso kwasekuseni kusenokuba ngathi uyamshwabulela.

[15]Umfazi osoloko eqhwaya ingxabano ufana namathontsi emvula engumvimbi.

[16]Unjengomoya wona ungenakunqandwa, nqwa namafutha wona angenako ukufunjathwa.

[17]Iintsimbi ziyalolana; ngokunjalo ke nezihlobo ziyakhuthazana.

[18]Umntu owukhathaleleyo umthi womkhiwane uyawafumana amakhiwane, nomntu oyibusayo inkosi yakhe uya kuwongwa.

[19]Umfanekiso womntu emanzini ubonakalisa inkangeleko yakhe; ngokunjalo nentliziyo yomntu ibonakalisa into ayiyo.

[20]Ingcwaba nelabafileyo alize lihlúthe; akwanjalo namehlo omntu.

[21]Isiliva ivavanywa ngokuyinyibilikisa embizeni; igolide ivavanywa ngokuyinyibilikisa kwiziko lomlilo; ke yena umntu uvavanywa ludumo alufumana ebantwini.

[22]Nokuba ungade usingqushe kunye nombona isityhakala, soze ubukhuphe ubutyhakala baso.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

23Qinisekisa ukuba uyayazi imo yemfuyo yakho, uyaluse ngononophelo imihlambi yakho.

24Kaloku ubutyebi obu yinto edlulayo, nesithsaba sobukhosi asihlali sihleli kwizizukulwana ngezizukulwana.

25Xa uyisikile ingca, wayenza ifulu, lo gama enye isaqala ukuntshula, nditsho xa utyani lwasezintabeni luhlanganisiwe,

26impahla yokunxiba ungayenza ngoboya beegusha, futhi uthengise iibhokhwe, ufumane ixabiso lentsimi.

27Kwezi ziseleyo unganako ukusenga uyondle intsapho yakho, ude uzibonelele nezicakazana zakho.

Izafobe 28

1Umntu okhohlakeleyo ubaleka kungekho mntu umsukelayo; ke wona amalungisa anobuganga njengeengonyama.

2Xa ilizwe linovukelo baba baninzi abafuna ukuphatha, kodwa xa kukho ophatha ngengqiqo nolwazi uyazinza.

3Umfo osweleyo otshutshisa amahlwempu uyafana nesikhukula esizitshabalalisayo izilimo.

4Izaphula-mthetho ziyazincoma izikhohlakali, kambe ke bona abawuthobelayo umthetho bayazichasa izikhohlakali.

5Abantu abagwenxa ababuqondi ubulungisa; kanti ke abo bazondelela uNdikhoyo baqonda zonke izinto.

6Lilungile ihlwempu elihambo ingenabala ngaphezu komkhohlisi ondlela zimbaxa nokuba usisityebi.

7Umntwana onengqondo uyawuthobela umyalelo; ke yena otshomana noongantweni ubaphathela ihlazo abazali bakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Umntu ozuza ubutyebi kuba ebolekisa aze axhaphaze abantu ngenzala ayibizayo, obo butyebi abuqokelelayo busuka bufunyanwe ngumntu wumbi owazelelelayo amahlwempu.

9Umntu ozivalayo iindlebe zakhe kuwo umthetho kaThixo kwaumthandazo wakhe uyanyanyeka kuThixo.

10Umntu owexulela amalungisa ekwenzeni ububi uya kweyela kwakuloo mgibe wakhe, kanti ke bona abamsulwa baya kukudla ilifa okulungileyo.

11Isinhanha silumkile kwawaso amehlo, kanti ke lona ihlwempu eliqiqayo liyasibona into esiyiyo.

12Xa amalungisa athe aphumelela kuba yimivuyo nemincili, kodwa ke xa kuthe kwaphakama izikhohlakali abantu bayabaleka bazimele.

13Umntu osifihlayo isono sakhe akabi nampumelelo; kambe ke yena osivumayo, ahlukane naso, wenzelwa inceba.

14Unoyolo umntu ohlala ezoyikela; ke yena oqaqadekileyo uhlelwa ziinkathazo.

15Isiphathamandla esikhohlakeleyo, esilawula abantu abangenakuzilwela, sinjengengonyama egragramayo, okanye ibhere ehlaselayo.

16Umlawuli ongenangqondo uba ngumcinezeli; ke yena umlawuli oyithiyileyo inzuzo yobuqhetseba uba nexesha elide.

17Umntu ongcungcuthekiswa lityala lokubulala woba ngumsabi ade afe; makungabikho bani umxhasayo.

18Umntu ohamba ngengqibelelo uyakhuseleka ebomini; ke yena ondlela zimbaxa uyenzakala ngephanyazo.

19Umntu owalimayo amasimi akhe akasweli kutya, kanti ke yena osukelana namampunge uvuna ubuhlwempu.

20Umntu othembekileyo uyathamsanqeleka; kanti ke yena ongxamele ubutyebi akaze abe msulwa.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21Ukujonga ubuso akulunganga; kodwa ke abanye abantu bangade bone
nangenxa yeqhekeza eli lesonka.

22Umntu oligqolo usukelana nobutyebi; akaqondi ukuba usenokufikelwa
bubuhlwempu.

23Omkhalimelayo umntu wothi kamva afumane ukuhlonitshwa kunalowo
untetho ilalanisayo.

24Umntu oxhaphaza uyise nokuba ngunina, kodwa abe esithi: “Akukho nto
imbi kuloo nto,” akahluke nganto kwisikrelemnqa.

25Umntu onyolukileyo uphemba uqhushululu; kambe ke yena okholosa
ngoNdikhoyo uya kuphumelela.

26Umntu ozithembileyo akanangqondo; kodwa yena ohamba ngendlela
yobulumko ukhuselekile.

27Umntu onezinwe kumahlwempu akasweli nto; ovala amehlo akhe
kwiintswelo zawo wohlala eqalekiswa.

28Xa kulawula izikhohlakali abantu bayabaleka bazimele, kodwa
zakutshabalala amalungisa aba nempumelelo.

Izafobe 29

1Umntu okhalinyelwa njalo, kodwa abe neenkani, wosuka aphalale
ngephanyazo, angaze abe nabuyambo.

2Wakuba sezandleni zamalungisa umbuso, batsho bavuye abantu; kambe ke
kwakulawula isikhohlakali iba ziincwina zodwa.

3Othanda ubulumko uvuyisa uyise, kodwa ke yena othene nca
namahenyukazi uchitha impahla yakhe.

4Xa ukumkani elawula ngobulungisa litsho lizinze ilizwe lakhe; kambe ke
yena orhwiphiliza irhafu uyalibhuqa.

5Umntu onyhwalaza ummelwana wakhe uzenzela umgibe iinyawo zakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[6]Umntu ogwenxa uthiyelwa sisono sakhe; kambe ke yena olilungisa uyaziculela onwabile.

[7]Umntu olilungisa unemfobe ngâbo bahlelelekileyo, ke yena umntu okhohlakeleyo akayiqondi nokuyiqonda into enjalo.

[8]Abagxeki baphembelela udushe esixekweni, kambe ke zona izilumko ziyawuthomalalalisa umsindo.

[9]Umntu osisilumko xa emangalelene nesiyatha sisuka sivuke umnyele siphoxise, kungabikho mvisiswano.

[10]Izibulala-mntu zimthiyile umntu onyanisekileyo, ke bona abathe ngqo bayamkhusela umntu onjalo.

[11]Isiyatha asiwulawuli umsindo; kambe ke sona isilumko siyaphola sizibambe.

[12]Ukuba umlawuli nguthoba-sikutyele, onke amaphakathi akhe oba ngoongcothoza.

[13]Ihlwempu ndawonye nalowo ulingcungcuthekisayo bafana ngale nto yokuba bobabini banikwe amehlo abonayo nguNdikhoyo.

[14]Ukumkani ogweba ityala lehlwempu ngokunyanisekileyo ulawulo lwakhe luya kuhlala luzinzile.

[15]Uswazi lokululeka ludala ubulumko; kambe ke umntwana ongaqeqeshwayo umzisela ihlazo unina.

[16]Xa kulawula izikhohlakali siyanda isono, kambe ke wona amalungisa aya kukubona ukuwa kwazo.

[17]Umntwana olulekwayo uya kukunika ukuxola, aze ayivuyise intliziyo yakho.

[18]Abantu abangenawo umbono kaThixo baba ziindlobongela; phofu ke unoyolo umntu owuthobelayo umthetho kaThixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

19Akuncedi nto ukulingxolisa ikhoboka, kuba nokuba liyaqonda aliyi
kuphulaphula.

20Uyambona na umntu othetha nje engaqiqanga? Akunani kwaisityhakala
kunaye.

21Ukuba uyalitefisa ikhoboka kwasebutsheni balo, ekugqibeleni liya
kukudela.

22Umntu ofan' acaphuke udala ingxabano; umfo onephuku uwa ewile
esonweni.

23Ikratshi liyamwisa umntu; kambe ke othobekileyo uba nesidima.

24Ihlakani lomntu olisela lizibeka emngciphekweni; nakuba lisazi ukuba liza
kohlwaywa nguThixo noko lithe cwaka.

25Ukuxhalela abantu kusenokuba ngumgibe; kambe ke othembela
kuNdikhoyo ukhuselekile.

26Baninzi abazithandekisa kwiziphathamandla, kambe ke bona ubulungisa
bufumaneka kuNdikhoyo.

27Umntu onobuqhetseba uyacekiswa ngamalungisa; ngokunjalo nomntu othe
ngqo uyacekiswa ngabakhohlakeleyo.

Izafobe 30

Amazwi ka-Agure

1Nanga amazwi ka-Agure unyana kaYake, udaba olundilisekileyo.Yasuka
yadanduluka indoda leyo, yathi kuItiyeli, ewe, uItiyeli noUkali:

2“Kaloku ndisesona sidenge ebantwini; kwaye ingqondo yomntu ayikho kum.

3Zange ndabufunda ubulumko; andimazi lowo uyiNgcwele kanye.

4Kanti ke, ngubani oselekhe waya ezulwini wabuya wehla; ingubani owakha
wawubamba ngezakhe izanda umoya? Khona, ngubani owakha wabamba
amanzi wawaqhinela ngesondo lengubo yakhe; ingubani khona owamisa

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

imida yehlabathi? Khawutsho kaloku, ukuba unolwazi! Ngubani igama lakhe;
ingubani unyana wakhe?

5“Yonke into ayithethayo uThixo ithembekile; ulikhaka kwabazimela ngaye.

6Musa ukongeza kwintetho yakhe, hleze akukhalimele, budandalaze ubuxoki
bakho.”

Ezinye izafobe

7Awu, Bawo, zimbini nje qha izinto endizicelayo kuwe; ewe, ndiphe zona
ndingekafi!

8Ndikhwebule kubuqhetseba nokuxoka; mandingade ndibe sisityebi okanye
ndihlwempuzeke, nto nje ndiqhekezele isonka sam semihla ngemihla,

9hleze ndikukhanyele ndakuhlutha, ndisuke ndithi: “Kuxa engubani yena
uNdikhoyo?” Ukanti ke naxa ndihlwempuzekile ndingasuka ndibe, ndihlazise
igama likaThixo wam.

10Isicaka sukusigxeka enkosini yaso, hleze sikushwabulele ube nobutyala.

11Abanye abantu bayamshwabulela uyise, bangamthamsanqelisi nonina.

12Bona bazicingela ukuba banyulu, kodwa babe bengazange bahlambuluka.

13Aba bantu bazicingela bhetele. Awu, baziphakamisile kambe!

14Basisizukulwana esimazinyo aziingxavula okwekrele, esimabamba abukhali
okwemela, khon' ukuze baxhaphaze amahlwempu ehlabathini, ewe, nditsho
abasweleyo phakathi kwabantu.

15Ikhalane lineentombi ezimbini; zithi: “Ndiphe! Ndiphe!” Ewe, zintathu
izinto ezingahluthiyo, gxebe, zine ezingasoze zithi: “Kwanele!”:

16elabafileyo; umfazi ongafumani bantwana; umhlaba onxaniweyo; nomlilo
ongatshoyo ukuthi: “Kwanele!”

17Amehlo omntu ophoxisa ngoyise nocekisa ukuthobela unina aya kuxholwa
ngamahlungulu, anqwamzwe ngamaxhalanga.

18Kukho izinto ezintathu eziyintsonkotha kum; gxebe, zine endingaziqondiyo:

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19ukubhabha kokhozi esibhakabhakeni; ukurhubuluza kwenyoka elulwalweni; ukuhamba kwenqanawa enzulwini yolwandle; ukuthandana komfana nentombi.

20Inje indlela yomfazi okrexezayo: Uyadla, asule umlomo, athi: “Andenzanga nto imbi!”

21Zintathu izinto ezilishukumisayo ihlabathi; gxebe, zine elingenako ukuzinyamezela:

22kukuba phantsi kwekhoboka eliye laba ngukumkani, okanye isiyatha xa sithe sahlutha kukutya;

23kukuba phantsi kwebhinqa ebelingafunwa elide latshata, okanye isicakazana xa sithe sathatha indawo yenkosikazi yaso.

24Kukho izinto ezine ezincinane emhlabeni, kodwa zilumke gqitha.

25Iimbovane ziluhlanga oluethe-ethe, kodwa ziqokelela ukutya ehlotyeni.

26Iimbila zisisizwe esingenamandla, kanti zimisa izindlu zazo emaweni.

27Iinkumbi azinankosi, kodwa zihamba amaqela ngamaqela.

28Icikilishe yinto ongayibamba nangesandla sakho, kodwa liyafumaneka nakumabhotwe ookumkani.

29Zintathu izinto ezibukelekayo xa zihamba; gxebe, zine ezichul' ukunyathela:

30yingonyama, igorha phakathi kwezilwanyana, yona ingahlehliyo nakweyiphi na into;

31ngumqhagi ondolosayo; yinkunzi yebhokhwe; ngukumkani ephahlwe ngumkhosi wakhe.

32Ukuba wenze izinto zobudenge waziphakamisa, okanye ukuba uthe waceba ububi, khawuthi xha!

33Wakulucofa ucwambu kuvela ibhotolo, wakuyixhimfa impumlo isuka yophe, wakuxhokonxa umsindo kugqabhuka imbambano.

© 1996 Bible Society of South Africa.

Izafobe 31

Ukumkani uyacetyiswa

1La ngamazi kakumkani uLemweli, udaba olundilisekileyo awaqeqeshwa
ngalo ngunina.

2“Awu, mtanam, sana lwesizalo sam, nyana wezibhambathiso zam,

3amandla akho musa ukuwaqoba ngamankazana, iindlela zakho ungazilahleli
kwabo babhangisa ookumkani!

4“Lemweli, iwayini ayibafanelanga ookumkani, ewe, ookumkani
ayibafanelanga; iziphathamandla akulunganga zizinikele etywaleni.

5Kaloku zakusela zitsho ziwulibale umthetho, zingabi sawakhathalela
amalungelo abantu abahlelelekileyo.

6Utywala bufanele abo kungasekho thuba kubo, abo baminxekileyo ziinzingo.

7Kaloku bona bakusela bayabulibala ubuhlwempu babo, bangabi
sazikhumbula neengxaki zabo.

8“Thetha ubamele abantu abangakwaziyo ukuzithethelela; ncedisana nabo
uwakhusele amalungelo eendwayinge.

9Bamele ubabonelele ngokwasemthethweni; ncedisana nabo abahlelelekileyo
nabasweleyo.”

Umfazi onesidima

10Awu, akanqabe ngako umfazi onesidima! Lingaphezulu lee nakumatye
anqabileyo ixabiso lakhe!

11Onjalo uthenjiwe mpela yindoda yakhe, futhi ke ayihlelelekanga nganto.

12Uyiphatha kakuhle, kungabi kakubi, yonke imihla yobomi bakhe.

13Uthatha umqhaphu newulu, asebenze ngenkuthalo ngezandla zakhe.

14Uhamba njengeenqanawa zabarhwebi, efuna ukutya kosapho nakwelikude.

15Uvuka kusathi qhekre ukusa, alungiselele usapho ukutya, anike izicakazana
zakhe imiyalelo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

16Uyayigqala intsimi, aze ayithenge, athathe kwimali ayisebenzeleyo, atyale isidiliya.

17Usoloko ebhinqa omfutshane; iingalo zakhe zimelana nawo wonke umsebenzi.

18Uyayiqwalasela inzuzo yokushishina kwakhe; isibane sakhe asicimi ebusuku.

19Izandla zakhe aziyeki ukuphotha, neminwe yakhe ayisuki kumashini wokuluka.

20Isandla sakhe sisoloko sivulekile kumahlwempu; ewe, izinwe zakhe zifikelela nakwabasweleyo.

21Akanaxhala noba selikhithika, kuba kaloku usapho lwakhe lunezingayiwayo iimpahla zobusika.

22Uzenzela iingubo zokwandlala ezihonjisiweyo kunene; unxiba ezelaphu elihle elimsobo.

23Nendoda yakhe iyaziwa enkundleni ngasemasangweni, apho ihlala khona namadoda amakhulu elizwe.

24Uthunga impahla entle yokunxiba, athengise ngayo; wenza imixwayo ayithengise kubarhwebi.

25Uthiwe jize ngamandla nesidima, ibe ke akanaxhala ngengomso.

26Xa evula umlomo uthetha ngobulumko; xa enika iziluleko oko ukwenza ngenceba.

27Ulalusile ikhaya lakhe; akasidli isonka sobuvila.

28Abantwana bakhe bayamhlonela, bathi unoyolo; nendoda yakhe ungayiva imncoma, isithi:

29“Baninzi abafazi abenza imisebenzi emihle; kodwa wena ubagqwesa bonke!”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[30]Umfazi onomtsalane angakukhohlisa, ke bona ubuhle buyatshitsha; kuphela ngumfazi ohlonela uNdikhoyo oya kubongwa.

[31]Ncoma umwonge ngenxa yoko kwenziwa zizandla zakhe; ewe, makutyibelwe kudombozwe ngemisebenzi yakhe naphaya emasangweni.

© 1996 Bible Society of South Africa.

Amava Engqondi

Amava Engqondi 1

Akukho nto intsha ehlabathini

1Nanga amazwi eNgqondi, unyana kaDavide, ukumkani waseJerusalem:

2“Ngamampunge awo amampunge;” itsho iNgqondi, “ewe, ngokupheleleyo ngamampunge; yonk' into ngamampunge!”

3Kumnceda ntoni umntu ukuzabalaza esebenza? Ude azuze ntoni ngokubulaleka kwakhe apha phantsi kwelanga?

4Izizukulwana ziyafika, izizukulwana ziyemka, kodwa ke lona ihlabathi limi ngonaphakade.

5Ilanga liyaphuma, kanti ke ilanga libuya litshone, lize ke likhawuleze liye apho liya kuphuma khona.

6Umoya ubhudla ubhekisa ngasezantsi, ubuye ubhekise ngasentla; wenza loo njike-njike uthatha umjikelo wawo.

7Yonk' imilambo ingena elwandle, kodwa ke lona ulwandle aluzali; amanzi abuyela apho ebevela khona, aphinde asinge apho ebesiya khona.

8Yonke into yindebelefele yendinisa engathethekiyo: iliso liyabona, kodwa alaneli; kanti nendlebe iyeva, kodwa ayihluthi.

9Into eyakha yakho yophinda ibe khona. Le nto yenzekileyo iya kuphinda yenzeke kwakhona. Akukho nto intsha phantsi kwelanga.

10Ungabeva besithi: “Uyabona ke, intsha le nto!” Ukanti ke ibikho kakade, ntlandlolo kwangaphambili.

11Izinto zakudala azisakhunjulwa; ukanti ke nezi zanamhlanje izinto aziyi kwaziwa sisizukulwana esizayo.

Ukuzama ukubalasela ngamampunge

12Ke mna Ngqondi ndandingukumkani wakwaSirayeli eJerusalem.

© 1996 Bible Society of South Africa.

13Ndasuka ndazimisela ukuphicotha ndenze uphando ngobulumko ngazo
zonke izinto ezenzekayo ehlabathini. Ewe, uThixo ubanike uxanduva
lomzabalazo otyhafisayo abantu.

14Ndizibonile ke zonke izinto ezenziwayo phantsi kwelanga; zonke
zingamampunge, nqwa nokusukelana nomoya.

15Kaloku into egoso-goso ayinakolulwa; ukanti nento engekhoyo
ayinakubalwa.

16Ndaziva sendisithi kum ngaphakathi: “Ngoku mna ndide ndabalasela
ngobulumko kunaye nabani na owakhe walawula eJerusalem ngaphambi
kwam. Ndinamava aphangaleleyo ngobulumko nolwazi.

17Ndazimisela ukuzuza ulwazi nobulumko, ndibuqonde ubutyhakala
nobudenge, kodwa ndafikelela kwelithi naleyo into ifana nokusukelana
nomoya.”

18Ukukhula kobulumko kwandisa ukukhathazeka; kanti ke nokukhula
kolwazi kongeza iinzingo.

Amava Engqondi 2

Iziyolo ngamampunge

1Ke kaloku ndagqiba kwelithi: “Makhe ndilinge iziyolo, ndizonwabise, ndive
ukuba kunjani na!” Kodwa ke ndafumanisa ukuba naloo nto ngamampunge.

2Ukuhleka ndathi: “Bubuyatha;” iziyolo zona: “Ngaba zindizisela ntoni?”

3Ndacamanga entliziyweni yam ukuba mandithi lo gama ndifuna ubulumko
khe ndizilahlele kwiwayini, ndiziphathe okwesityhakala, ndide ndibone
ukuba yeyiphi into ebalungeleyo oonyana babantu ukuba bayenze apha
emhlabeni ngemihla embalwa yobomi babo.

4Ndenza imisebenzi emikhulu: ndazakhela izindlu, ndatyala izidiliya,

5ndalima izitiya, ndenza nemiyezo, kuyo ndatyala zonke iintlobo-ntlobo
zeziqhamo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

6Ndemba ndenza amadama ukuze ndinkcenkceshele loo mithi isahlumayo.

7Ndandizithengela amakhoboka angamadoda nabhinqileyo, kwada kwakho namakhoboka azalelwa emzini wam. Ndandinemihlambi emininzi yeenkomo nempahla emfutshane ngaphezu kweyabo bonke abakhe bahlala ngaphambi kwam eJerusalem.

8Ndaqokelela imfumba yesiliva negolide, ndiyithatha kwindyebo yookumkani abaphantsi kwam, namazwe endiwalawulayo. Ndandineekwayala zokundonwabisa – amadoda nabantu ababhinqileyo. Kananjalo ndandinabafazi abaninzi ngokomnqweno wentliziyo yam.

9Ewe, ndandisisikhulu, ndimkhulu kunabo bonke abakhe bema eJerusalem ngaphambi kwam. Ngalo lonke eli xesha bendincedwa bubulumko bam.

10Yonke into endandiyinqwenela ndandiyifumana, kungekho nasiyolo sakha sandiphosa. Ndandineqhayiya, ndizidla ngayo yonke imizabalazo yam; lowo yaba ngumvuzo wam ngoko kubulaleka.

11Ndathi ke ndakuwuphononononga wonke umsebenzi wezandla zam nokubulaleka endibulaleke ngako, ndafumanisa ukuba yonke loo nto ngamampunge nje, yimfeketho enjengokusukelana nomoya. Ewe, akukho nzuzo apha phantsi kwelanga.

Ubulumko nobutyhakala ngamampunge

12Ndaza ke ndaphicotha umahluko phakathi kobulumko kunye nobutyhakala nobudenge. Kakade yintoni anokuyenza ongena ezihlangwini zokumkani ebeyingasele yenziwa ngaphambili?

13Ndabona ukuba ubulumko buyakhetheka kunobutyhakala, kwanjengokuba ukukhanya kungcono kunobumnyama.

14Umntu osisilumko uyabona apho aya khona, kanti ke sona isityhakala sifathula emnyameni. Kambe ke ndafumanisa ukuba bebonke isiphelo sinye.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15Ndagqiba kwelithi: “Nam ngokwam ndiya kufa kwanjengesityhakala, ibe yintoni ke endiyizuzileyo ngobulumko?” Ndaza ndagqiba kwelithi: “Nale ke into ikwangamampunge.

16Isilumko siyalityalwa, kanti nesityhakala asikhunjulwa. Ngemihla ezayo bobabini bayalityalwa, bangabi sakhunjulwa. Kukugqwesa ngantoni ke ukufa kwesilumko ukufa kwesityhakala?”

Ukubulaleka ngamampunge

17Ngoko ke ndatsho ndabucaphukela ubomi, kuba yonke into eyenziwa apha phantsi kwelanga yasuka yandiphathela inkxwaleko. Ewe, zonke izinto ngamampunge, nqwa nokusukelana nomoya.

18Ke kaloku ndasuka ndakucaphukela konke ukubulaleka kwam apha phantsi kwelanga, kuba ndisazi ukuba ndihlalelwe kukuzishiya kulowo undilandelayo zonke izinto endizenzileyo.

19Kwazi bani ke ukuba woba sisilumko okanye isityhakala? Ukanti ke noba kunjalo konke ukubulaleka nobuchule bam apha phantsi kwelanga buya kuba semandleni akhe. Hayi suka, ngamampunge lawo!

20Ngoko ke ndatsho ndazisola ngokubulaleka kwam konke apha phantsi kwelanga.

21Kaloku umntu ebesenokuwenza umsebenzi wakhe ngobulumko, ingqiqo, nobuchule, kanti yonke loo nto abulaleke ngayo uza kuyishiya emntwini ongayisebenzelanga mpela-mpela! Ngenene nale into ngamampunge; imbi kunene!

22Kodwa-kodwa uzuza ntoni umntu ngemizabalazo nokubulaleka kwakhe apha phantsi kwelanga?

23Yonke imihla yakhe yinkxwaleko, nokuzabalaza kwakhe ziinzingo. Nasebusuku uyaphuthelwa angaphumli. Ewe, yonke loo nto nayo ingamampunge.

© 1996 Bible Society of South Africa.

24Ayikho enye into angayenzayo umntu ngaphandle kokuba atye asele,ahlale anelisekile kukubulaleka kwakhe. Phofu ke naleyo ndafumanisa ukuba iphuma kwasesandleni sikaThixo,

25kuba kaloku ngaphandle kwakhe akukho mntu ungatyayo okanye onwabe.

26Kaloku uThixo umnika ubulumko, ingqiqo, nokonwaba, loo mntu umkholisayo; kambe ke bona abagwenxa abanike uxanduva lokusebenza nzima, beqweba beqokelela ubutyebi, ukuze ke babunikezele kwabo bakholisa uThixo. Ngenene nale into ngamampunge, ifana nokusukelana nomoya.

Amava Engqondi 3

Yonke into inexesha layo

1Yonke into inexesha layo; umbandela ngamnye unethuba lawo apha emhlabeni.

2Ukuzalwa kunexesha lako, nokufa kunexesha lako. Likho ixesha lokutyala, likwakho nexesha lokuncothula.

3Likho ixesha lokubulala, kanti likho nexesha lokunyanga. Ukuchitha kunexesha lako, nokwakha kunexesha lako.

4Ukulila kunexesha lako, nokuhleka kunexesha lako. Likho ixesha lokuzila, likwakho nexesha lemihlali.

5Ukusarhaza amatye kunexesha lako, nokuqokelela amatye kunexesha lako. Likho ixesha lokuwolana, likwakho nexesha lokuyeka ukuwolana.

6Ukufuna kunexesha lako, nokuncama kunexesha lako. Ukugcina kunexesha lako, nokulahla kunexesha lako.

7Likho ixesha lokukrazula, likwakho nexesha lokuthunga. Ukuthi cwaka kunexesha lako, kanti nokuthetha kunexesha lako.

8Uthando lunexesha lalo, nokucaphukela kunexesha lako. Likho ixesha lemfazwe, kanti likwakho nexesha loxolo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[9]Umntu uzuza ntoni ke ngemizabalazo yakhe?

[10]Ndilubonile uxanduva alunike uluntu uThixo.

[11]Into yonke uyimisele ixesha layo. Umntu yena umnike ulangazelelo lokuqonda nangamaxesha angamiselwanga. Kodwa ke umntu akafikeleli ekuyazini into eyenziwa nguThixo ukususela ekuqaleni kuye esiphelweni.

[12]Ndifumanise ukuba akukho nto iyenye angayenzayo umntu ngaphandle kokuba ahlale onwabile, enze okulungileyo lo gama esaphila,

[13]kwanokuba wonke umntu atye asele aneliseke yimigudu yakhe. Kaloku sisipho esivela kuThixo eso.

[14]Ndiyazi ukuba yonke into eyenziwa nguThixo iya kuhlala ihleli; akukho nto inokongezwa kuyo, kungekho nto inokususwa kuyo. UThixo uyakwenza oku ukuze ahlonelwe ngabantu.

[15]Into ekhoyo ibiselikho kakade, nento eya kubakho ibikho ngaphambili. UThixo uyakubuyisela obekusele kudlule.

Inkohlakalo ehlabathini

[16]Ngaphezu koko ke ndifumanise ukuba apha phantsi kwelanga usuka ufumane inkohlakalo endaweni yokugweba ngokufanelekileyo, nditsho inkohlakalo endaweni yobulungisa.

[17]Ndagqiba kwelithi: “UThixo uza kugweba bonke, abalungileyo nabakhohlakeleyo, kuba umise ixesha layo yonke imicimbi nazo zonke izenzo.”

[18]Ndagqiba ngelithi: “UThixo uyaluvavanya uluntu, efuna ukuba luqonde ukuba alwahluke kuya phi ezilwanyaneni.

[19]Kaloku isiphelo somntu siyafana nesesilwanyana. Ukufa kubabopha ngentambo enye ngokufanayo. Ewe, umoya mnye emntwini nasesilwanyaneni. Ke umntu akasidluli nganto isilwanyana. Yonke into ingamampunge.

© 1996 Bible Society of South Africa.

[20]Umntu ndawonye nesilwanyana baya ndaweni-nye; njengoko bephuma emhlabeni, babuyela kwasemhlabeni.

[21]Ngubani owaziyo ukuba umoya womntu uyenyuka ubheke phezulu, ingubani owaziyo ukuba umoya wesilwanyana uyehla ubheke emhlabeni?”

[22]Ke kaloku ndabona ukuba into emfaneleyo umntu kukwanela, axhamle imigudu yakhe, kuba kambe eso sisabelo sakhe. Kakade ngubani onokumbonisa oko kuza kwenzeka za sele engekho?

Amava Engqondi 4

Ngubani endibulalekela yena?

[1]Kwakhona ke ndathi ndakukhangela ndayibona ingcinezelo ekhoyo apha phantsi kwelanga. Awu, iinyembezi zabo bacinezelweyo; ibe ke kungekho namthuthuzeli! Ewe, akukho mntu ubathuthuzelayo, ibe ke bona abacinezeli baxhaswa ligunya.

[2]Ndafumanisa ukuba abo bangasekhoyo, abasele befile kakade, bakwimeko engcono kunabo baphilayo, abasahleliyo nangoku.

[3]Kambe ke oyena ukwimeko engcono ngulowo ungekabikho, engekayiboni le nkohlakalo yenziwayo apha phantsi kwelanga.

[4]Ndafumanisa ukuba into eyenza abantu babulaleke bazabalaze kangaka kukuxhalela abamelwane. Kambe ke naleyo ngamampunge, nqwa nokusukelana nomoya.

[5]Isiyatha sisonga izandla, sizitshabalalise ngokwaso.

[6]Phofu ke akunani kwaintwana engephi, oyifumana wonwabile, kunentabalala ezuzwa ngembulaleko kusukelwana nomoya.

[7]Kwakhona ndawabona amampunge alapha phantsi kwelanga:

[8]Nanko umntu ohlala yedwa, kungekho owesibini: akananyana namntakwabo, kodwa uxhabashile, uyasebenza engaphezi; noxa kunjalo amehlo akhe akaneliswa bubutyebi bakhe. Ude athi: “Ngubani endibulalekela

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

yena, ndide ndizivimbe ulonwabo kangaka?” Ewe, nale into ngamampunge; ngumzamo ophuthileyo!

Intsontelo ephindwe kathathu iqhawuka nzima

[9]Kungcono abasebenzi babe babini kunokuba abe mnye, kuba baba nengeniso eyiyo ngomsebenzi wabo.

[10]Kaloku xa omnye ethe wawa omnye unokuphakamisa ugxa wakhe. Mawoo ke lowo uyedwa xa athe wawa! Akukho bani unokumphakamisa.

[11]Ewe, xa ababini belala ngangubo-nye abagodoli. Kodwa ke kunzima ukufudumala xa ulele wedwa.

[12]Oyedwa uyagaganyelwa, kodwa ababini banako ukumelana nohlaselo. Intsontelo ephindwe kathathu iqhawuka nzima.

Izikhundla ngamampunge

[13]Endaweni yokumkani owalupheleyo osisityhakala esingeva nacebiso lilunge kanye igatyana lomfana olihlwempu xa enobulumko,

[14]nangona angade abe wazalelwa ebuhlwempini phantsi kwaloo kumkani. Ewe, usenokuphuma nasentolongweni abe ngukumkani alawule.

[15]Ndibone ukuba bonke abadla ubomi besihla benyuka apha phantsi kwelanga basuke bamlandela umfana lowo ungene esikhundleni sokumkani lowo walupheleyo.

[16]Ewe, baba baninzi kakhulu abantu abamlandelayo kangangokuba bangabi nakubalwa. Kambe ke sona isizukulwana esilandelayo asibi saba namdla kuye. Ngenene nale ke into ikwangamampunge nokusukelana nomoya.

Amava Engqondi 5

Isilumkiso ngezithembiso

[1]Lumka, ugqale ukunyathela kwakho xa usiya endlwini kaThixo. Xa usiya khona hamba ngeenjongo zokuphulaphula endaweni yokwenza amadini njengezityhakala ezingaziyo ukuba zenza ubugwenxa.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Qiqa phambi kokuba uthethe; musa ukungxama ukwenza izithembiso
kuThixo. Kaloku yena usezulwini, ube ke wena ulapha emhlabeni; ngoko ke
amazwi akho makabe mbalwa.

3Ubuninzi bemicimbi bubanga amaphupha; ubuninzi bamazwi kuhamba
nentetho yobutyhakala.

4Xa wenze isifungo kuThixo, khawuleza usifezekise. Kaloku yena akavani
nezityhakala; ngoko ke siphumelelise isifungo sakho.

5Akunani kwaukungenzi sifungo kunokubhambathisa uze ungafezekisi.

6Umlomo wakho mawungakukhokeleli esonweni, uze ke ube ubongoza
isigidimi, usithi: “Ndiphazamile.” Ngani ukuba umkhathaze uThixo ngento
oyithethileyo, ade atshabalalise umsebenzi wezandla zakho?

7Intlaninge yamaphupha namazwi amaninzi ngamampunge. Kuphela hlonela
uThixo!

Ubutyebi ngamampunge

8Sukumangaliswa xa ubona abantu abahlelelekileyo becinezelwa,
bengazelelelwa kummandla othile, bengenzelwa ubulungisa
nokufanelekileyo. Kaloku igosa ngalinye livelelwa lelinye, aze ke xa
ewomabini avelelwe ngamanye angentla kuwo.

9Kambe ke ilizwe lilungelwa yinto yonke xa ukumkani enyamekela
ukulinywa kwamasimi akhe.

10Umntu oyinyolukeleyo imali soze imanelise; kanti ke noxhinele ubutyebi
akaze aneliswe yingeniso yakhe. Nale ke into ngamampunge.

11Yakukhula ingeniso bayanda nabaxhomekeke kuyo, ibe yintoni ke ezuzwa
ngumniniyo? Kuphela uyityа ngamehlo!

12Umntu ophangelayo ulala athi yoyi, noba utya kancinci, okanye ke
uyahlutha. Ke bona ubunewu-newu besityebi busitsho siphuthelwe.

13Apha phantsi kwelanga ndibone ububi obungcungcuthekisayo: umntu
angaziqwebela ubutyebi, busuke benzakalise kwayena mnikazi wabo!

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Omnye ke ufumba ubutyebi, alahlekelwe bubo ngenxa yentlekele, ze ke
unyana ozelwe nguye angabi nanto ezandleni.

15Mhla wavela umntu uzalwa ngunina ezé; mhla andulukayo uhamba
kwangolo hlobo eze ngalo. Kuko konke ukubulaleka kwakhe umntu apha
emhlabeni umka engaphathanga nto ngesandla sakhe.

16Ewe ngenene, ibuhlungu le meko! Umntu umka eyiloo nto ebefike eyiyo.
Kumncede ntoni ke ukusebenzela ilize?

17Kananjalo imihla yobomi bakhe yonke uyidlela ebumnyameni,
egutyungelwa ziinkathazo neenzingo nomsindo.

18Ke kaloku ndifumanise ukuba eyona nto ilungileyo nefanelekileyo ukuba
umntu ayenze kukutya asele, akuxhamle enelisekile ukubulaleka kwakhe
ngezi ntsukwana zimbalwa aziphiwe nguThixo apha phantsi kwelanga.
Kaloku eso sisabelo sakhe.

19Ewe, umntu xa ephiwe ubutyebi nezinye izinto eziphathekayo, aze futhi
uThixo amnike inyhweba yokuzixhamla ezo zinto, kufuneka akuxhamle
enombulelo ukubulaleka kwakhe – kaloku eso sisipho esivela kuThixo.

20Ngenxa yolo lonwabo aluphiwe nguThixo, umntu utsho angabi
sazikhathaza ngobungakanani bobomi bakhe.

Amava Engqondi 6

1Nabu obunye ububi endibubonileyo apha phantsi kwelanga, yaye buthe zinzi
phezu kwabantu:

2nditsho into yokuba umntu anikwe ubutyebi nguThixo, aze abe ngumfo omi
kakuhle nohlonelwayo, ade angasweli nto ayinqwenelayo, kambe ke uThixo
angamniki ithuba lokuzixhamla, ndaweni yaloo nto kuvele owasemzini
azixhamle ezo zinto. Ewe, ngamampunge le nto; iyimeko ebuhlungu.

3Umntu noba anganekhulu labantwana, aphile imihla emininzi, phofu
angabuxhamli ubumnandi bobomi, angènzelwa umngcwabo onguwo, mna
ndithi akunani kwaumntwana ovele engasekho kunaye.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Kaloku ukuzalwa akumphathelanga nto loo mntwana, usuke aduke ebumnyameni, negama lakhe ligutyungelwe bubumnyama.

5Nakuba lo mntwana engazange walibona ilanga, futhi engazange wazi nto, kodwa ke yena ukufumene ukuphumla kunaloo mntu.

6Ewe, umdlula kude lee umntu ongaxhamlanga luyolo ebomini, noba angade aphile iwaka eliphindwe kabini leminyaka. Andithi na kaloku bonke baya ndaweni-nye?

7Kuyo yonke imizabalazo yakhe umntu usebenzela emlonyeni, kodwa akaze anele.

8Umntu osisilumko usigqitha ngani isityhakala? Kulinceda ntoni ihlwempu ukuyazi indlela yokuziphatha phakathi kwabantu?

9Masanele zezo zinto sinazo endaweni yokuzikhathaza ngokunqwenela le naleya. Hayi bo, ngamampunge lawo, nqwa nokusukelana nomoya!

10Yonke into ekhoyo sekukudala ithiywe igama layo, nento ayiyo umntu selisaziwa kakade; umntu akanako ukumelana nalowo womeleleyo kunaye.

11Okukhona intetho iba nde kokukhona iye ilambatha intsingiselo yayo, ize ke incede bani loo nto?

12Umntu angayazi njani eyona nto imfaneleyo umntu kobu bomi bufutshane buphuthe kangaka? Ewe, obu bomi buthi phinzi njengesithunzi. Ngubani onokumxelela into eya kwenzeka apha phantsi kwelanga akuba engasekho yena?

Amava Engqondi 7

Amagqabantshintshi ngobulumko

1Igama elihle lilungile ngaphezu kwamafutha aqholiweyo. Umhla wokufa ulungile kunomhla wokuzalwa.

2Kungcono uye emzini onesililo kunokuya emzini onetheko, kuba kaloku ukufa sisiphelo sabantu bonke. Ngoko ke abantu ngebeyithathela ingqalelo le nto.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Kubhetele kwaiinzingo kunokuhleka, kuba ubuso obuthe rhubaxa buyayomeleza intliziyo.

4Intliziyo yesilumko isendlwini yesijwili, ke intliziyo yesiyatha isendlwini yeziyolo.

5Kulungile ukuva ukukhalinyelwa sisilumko kunokuphulaphula ukombelelwa sisityhakala.

6Ukuhleka kwesityhakala kufana nqwa nokunqanqaza komlilo wameva phantsi kwembiza. Nale ke into ngamampunge!

7Isilumko esiphantsi kwezoyikiso silahlekelwa ziingqondo; umntu onyotywayo wonakala ingqiqo.

8Isiphelo somcimbi sibhetele kunesiqalo sawo. Umonde ungcono kunekratshi.

9Musa ukukhawuleza ucaphuke ngaphakathi kwakho; kaloku umsindo yinto yezityhakala.

10Musa ukuthi: “Bekungani ukuba imihla yamandulo ibe ngcono kunale yangoku?” Kaloku ayibubo ubulumko ukubuza umbuzo onjalo.

11Ubulumko nqwa nelifa ngokulunga; bululutho kubo bonke abaphilayo;

12umntu bumenza akhuseleke njengokuba nemali isenjenjalo. Ewe, naku ukubalasela kolwazi: ubulumko buyabukhusela ubomi balowo unabo.

13Khawucamngce ngemisebenzi kaThixo: Ngubani ongayolulayo into ayenze goso?

14Ngamathuba obumnandi yonwaba; ngemihla yobubi qonda kakuhle ukuba kwale njengaleya yenziwe nguThixo. Ngoko ke akukho mntu uyaziyo into eza kwenzeka kamva.

15Kobu bomi bam bungamampunge ndizibonile zonke ezi zinto: Ndibone umntu olungileyo efela ebulungiseni bakhe, ngokunjalo ndabona nomntu okhohlakeleyo ephila ubomi obude benkohlakalo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Ngani ukuba uzenzakalise ngokusuka uzenze uchwenene welungisa, okanye ingcaphephe yesilumko?

17Ngani ukuba ufe phambi kwexesha lakho ngokusuka ubalasele ngenkohlakalo, okanye ugqwese ngobutyhakala?

18Bambelela kwezi zinto zombini, kungabikho oyiyekelelayo. Umntu omoyikayo uThixo uya kuwaphepha omabini la macala.

19Ubulumko bumenza onabo abe namandla ngaphezu kwabalawuli besixeko abalishumi.

20Emhlabeni akukho mntu ulilungisa owenza okuhle kuphela angoni.

21Musa ukuphulaphula yonke into ethethwa ngabantu, hleze ude uve isicaka sakho sikunyemba.

22Kaloku nawe ngokwakho uyazi ukuba kukaninzi ubanyelisa abanye abantu.

23Ngobulumko bam ndayivavanya yonke le nto, ndaza ndathi: “Ndizimisele ukuba sisilumko,” kodwa ke andafikelela kubo.

24Oko kukude kakhulu – ndithi oko kunzulu gqitha – ngubani ongaze akubhaqe?

25Ndazinikezela ke ukuba ndiphande ndifune ulwazi, ukuze ndibuzuze ubulumko bokubhaqa isizekabani sezinto, ndibuqonde nobutyhakala benkohlakalo nokuphutha kobudenge.

26Ndifumanise ukuba eyona nto ikrakra nangaphezu kokufa ngumfazi oliqili, ontliziyo inezabatha, ongalo zifana namakhamandela. Ke yona indoda ekholisa uThixo iyasinda kuye, kodwa ke yona engumoni uyayibambisa.

27“Khangel' apha,” itsho iNgqondi, “nantsi into endiyibhaqileyo: Ndakudibanisa enye nenye ukuze ndicacelwe zizinto –

28lo gama umoya wam wawusaphengulula ndingekafumani nto – ndibhaqe indoda yanye kwiwaka ethe ngqo, kodwa yena umfazi onjalo andimfumananga phakathi kwabo bonke.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

29Kuphela kwendikufumeneyo kukuba uThixo uluntu waludala luthe ngqo,
kodwa ke abantu basuke bayila ubuqili phezu kobuqili.”

Amava Engqondi 8

1Yaz'ba ngubani eso silumko singaziqondayo ezi zinto? Ngubani
ongayichazayo intsingiselo yezi zinto? Kaloku ubulumko buyabuswabulula
ubuso bomntu, atsho ayeke ukumatsheka.

Makathotyelwe ukumkani

2Mna ndithi mthobele ukumkani; kaloku wènze isifungo phambi koThixo.

3Musa ukungxama ukumka kukumkani. Futhi ke sukumela ububi, kuba
kaloku yena angenza nantoni na athanda ukuyenza.

4Ekubeni ilizwi lokumkani litshatshele akukho bani unokuthi kuye: “Yintoni
le uyenzayo?”

5Lowo ugcina umthetho akayi kuhlelwa bububi; onobulumko uyakwazi
amakakwenze ngexesha elifanelekileyo.

6Kaloku yonke into inexesha layo nendlela emayenziwe ngayo; kambe
buninzi ububi obunokumhlela umntu –

7akazi ukuba kuya kwenzeka ntoni. Kakade ngubani onokuxela okuya
kubakho?

8Umntu akanalo igunya phezu komoya ukuba awuthintele; akukho bani
uyilawulayo imini yokufa kwakhe. Njengokuba kungekho ukuphuncula
emfazweni, kananjalo inkohlakalo ayibayeki abo bayenzayo.

Inkohlakalo nobulungisa

9Yonke le nto ndiyibone xa bendiphicotha izinto ezenziwa apha phantsi
kwelanga – nditsho into yokuba umntu abe negunya phezu komnye, kube
buhlungu kuye.

10Ewe, ndibabonile abantu abakhohlakeleyo bengcwatywa, bathi shwaka,
kanti ke nâbo bangena bephuma endlwini kaThixo besenza ubulungisa,
kwanabo bayalityalwa esixekweni. Ewe, kwanaloo nto ngamampunge!

© 1996 Bible Society of South Africa.

[11]Xa isohlwayo setyala singàphunyezwa msinya abantu baqhubela phambili ukwenza ububi.

[12]Nakuba isikhohlakali singona nakalikhulu, siphile ixesha elide, noko ndiyazi ukuba izinto ziya kuhamba kakuhle kwabo bamoyikayo uThixo, abo bamhlonelayo.

[13]Phofu ke, ngenxa yokuba izikhohlakali zingamoyiki uThixo, izinto aziyi kuzilungela, nemihla yazo ingòlulwa oku kwesithunzi.

[14]Ewe, ikho into engamampunge eyenzekayo kweli hlabathi: maxa wambi amalungisa azuza isohlwayo sezikhohlakali, zize zona izikhohlakali zifumane indwe yamalungisa! Ndithi kwanaloo nto ngamampunge!

[15]Ngoko ke mna ndithi masonwabe, kuba ayikho enye into emfaneleyo umntu apha phantsi kwelanga ngaphandle kokuba atye asele azonwabele. Loo nto ke únokuyenza phakathi kwemizabalazo yakhe kobu bomi abuphiwe nguThixo kulo mhlaba.

[16]Xa ndandizikisa ukucinga, ndifuna ukubazi ubulumko, ndiqwalasela ukubulaleka komntu kulo mhlaba – nditsho le nto yokuba amehlo akhe angabonani nokulala imini nobusuku –

[17]ndide ndakubona konke akwenzayo uThixo. Akukho bani onako ukukuqonda okwenzekayo apha phantsi kwelanga; noba selesenza yonke imigudu yokuphengulula akangeze akufumane. Nezilumko noba zingade zithi ziyaqonda, azazi nto tu!

Amava Engqondi 9

Oko ukwenzayo kwenze ngamandla

[1]Ke kaloku ndithe ndisakuwuphononononga lo mbandela ndafumanisa ukuba izenzo zamalungisa kunye nezezilumko zisesandleni sikaThixo, phofu kungekho namntu waziyo nokuba ulindelwe luthando okanye ukuthiywa na.

[2]Abantu bonke isiphelo sabo sinye: amalungisa nezikhohlakali, abalungileyo [nabagwenxa], abahlambulukileyo nabanomlaza, abawenzayo amadini nâbo

© 1996 Bible Society of South Africa.

bangawenziyo. Umntu olungileyo ufaniswa nomoni, nalowo wenza isifungo afaniswe nowoyikayo ukwenza isifungo.

3Ezintweni zonke ezenzeka apha phantsi kwelanga eyona imbi yile yokuba kubo bonke isiphelo sabo sinye. Iintliziyo zoonyana babantu zizele bububi; bubugeza ezintliziyweni zabo lo gama besadla ubomi – ze kuthi kamva baye kwelabafileyo.

4Lowo usaphilayo usenethemba; kaloku nenja esaphilayo ibhetele kunengonyama efileyo.

5Kaloku bona abaphilayo bayazi ukuba baseza kufa, kambe ke bona abafileyo abazi nto. Abasajonganga mvuzo, futhi ke sebelityelwe.

6Uthando ndawonye nentiyo yabo, kunye neminqweno, kukonke nje kwafa kunye nabo. Abasoze babuye babe nenxaxheba kwizinto ezenzekayo apha phantsi kwelanga.

7Hayi ke, yitya isonka sakho wonwabile, usele iwayini yakho uchwayitile entliziyweni, kuba ngoku lithuba elikholekileyo kuThixo lokuba wenze oko.

8Maxa onke vatha ezimhlophe, nezithambiso zentloko ungaziyeki.

9Hlala ngokonwaba nomfazi wakho omthandayo ngemihla yobomi bakho obungamampunge obunikwe nguThixo kulo mhlaba – nditsho zonke ezo ntsuku zingamampunge – kuba eso kuphela kwesabelo oya kusizuza ngokubulaleka kwakho apha phantsi kwelanga.

10Nawuphi na umsebenzi owubambileyo ngezandla zakho wenze ngamandla akho onke; kuba kaloku akwenziwa nto, akucingwa, kungekho lwazi nabulumko engcwabeni, apho wena uya khona.

11Nantsi enye into endiyibonileyo apha phantsi kwelanga: ezona mbaleki zisenokungaphumeleli elugqatsweni, futhi namagorha avunyiweyo asenokoyiswa edabini. Ewe, izilumko zisenako ukuswela ukutya, kanti ke neengqondi zisenokuphulukana nobutyebi, kwanjengokuba neengcaphephe

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

zisenokuphosana nezikhundla eziphezulu. Kaloku wonke umntu uba namaxesha namathuba akhe.

12Ke yena umntu akazi ukuba ithuba lakhe linini na. Njengentlanzi ebanjiswe ngomnatha ongenalusini, okanye intaka ebhajiswe ngumgibe, nathi bantu sisuka sixinwe yimin' embi esigubungela singayilindelanga.

Ubulumko nobutyhakala

13Apha phantsi kwelanga ndibone omnye umzekelo wobulumko ondenze umdla.

14Kwakukho idolophu ebantu bambalwa. Yahlaselwa yingangamsha yokumkani. Wayingqinga, wayakhela izikanisi ezayame iindonga eziyikhuselayo.

15Kwalapho kuloo dolophu kwakukho umfo olihlwempu, phofu esisilumko, owathi ngobulumko bakhe wayihlangula loo dolophu. Kambe ke akukho mntu wamkhumbulayo loo mfo ulihlwempu.

16Ndaza ndathi ke mna: “Ubulumko bubhetele kunamandla.” Kambe ke ubulumko behlwempu budeliwe, namazwi alo akakhathalelwe.

17Kungcono ukuphulaphula amazwi esilumko esithetha sizolile kunokuzikhathaza ngokukhwaza komlawuli wezityhakala.

18Ubulumko bubaluleke ngaphezu kwezixhobo zemfazwe, kambe ke nomoni omnye nje angonakalisa lukhulu kwizinto ebezilungile.

Amava Engqondi 10

1Iimpukane ezifileyo zingasonakalisa isiqholo sitsho sibile sinuke, ngokunjalo nentwana nje yobutyhakala ingabutshabhisa ubulumko ndawonye nesidima.

2Intliziyo yesilumko isitsho sibe namandla; kanti ke eyesityhakala isitsho sibe buthathaka.

3Noba isityhakala sesihamba ngendlela, sibonakala kubo bonke ukuba simuncu. Umntu onjalo uzicacisa nakubani na ukuba usisiyatha.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Xa ekhathazekile umlawuli wakho musa ukurhoxa esikhundleni sakho –
kaloku kukuzola into ewulungisayo umonakalo.

5Apha phantsi kwelanga kukho ububi endibubonileyo, impazamo eyenziwa
ngophetheyo.

6Izikhundla ezininzi eziphezulu zinikwa izityhakala, zize ke zona izityebi
zinikwe ezisezantsi.

7Ndiwabonile amakhoboka ekhwele amahashe, kodwa zona izikhulu
zibhadaza ngeenyawo ngathi ngamakhoboka.

8Umntu owomba umngxuma usenokweyela kuwo; otyhoboza eludongeni
usenokulunywa yinyoka.

9Umntu owomba amatye usenokwenzakaliswa ngawo, nocanda iinkuni
usenokuba sengozini.

10Xa izembe libuthuntu, lingalolwanga, kufuneka ubethe ngamandla ngalo.
Kodwa ke bubuchule into enika impumelelo.

11Inyoka kufuneka ilalaniswe ngaphambi kokuba imlume umntu, kuba xa
seyimlumile akusancedi lutho kumlalanisi wayo.

12Anendili amazwi aphuma emlonyeni wesilumko, ukanti ke sona isityhakala
sizitshabalalisa ngemilebe yaso.

13Siqala ngokulavuza, size sigqibele sesiwanqa impambano.

14Ewe, isityhakala sithetha singayeki. Akukho mntu uyaziyo into eza kwehla,
kungekho namntu unokuyixela into eya kwenzeka kamva.

15Umntu ongenangqondo uzidinisa ngomsebenzi, aze ke akhohlwe nayindlela
egodukayo isiya esixekweni.

16Mawoo kwilizwe elikumkani ebesakuba likhoboka, elimatshawe enza
amatheko kusekusasa.

17Kambe ke linoyolo ilizwe elikumkani uzalwa zizikhulu, elimatshawe atya
ngexesha elililo, efuna amandla, ingekuko ukunxila.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

18Ngobuvila iyawa imiqadi; kozandla ziqhokriweyo indlu iyanetha.

19Isidlo simenza onwabe umntu, ke yona iwayini iyabudlamkisa ubomi; kambe ke kuyo yonke into yimali ethethayo.

20Ungaze umnyembe ukumkani, nditsho nangeengcinga; nesityebi sukusinyelisa, noba sewusesililini sakho, hleze kubekho ntakazana iphuma namazwi akho, into enamaphiko iyixele loo ntetho.

Amava Engqondi 11

Amacebo empumelelo

1Kusebenzise oko unako; ngokuhamba kwexesha uya kufumana inzuzo.

2Indyebo yakho yigcinise kwiindawo ezisixhenxe – ewe, noba zide zasibhozo – kuba kaloku akuyazi intlekele enokulihlela ihlabathi.

3Amafu xa anemvula ayithulula emhlabeni; noba umthi uwela ngasezantsi okanye ngasentla, kodwa uhlala uthi ncwaba kuloo ndawo uwe kuyo.

4Ukuba ujonge imo ethile yezulu soze ulime; kanti ke ukuba uqwalasela amafu soze uvune.

5Njengoko ungayazi indlela yomoya, ungamazi nokuba wenziwa njani na umntu esizalweni sonina, kananjalo soze ukuqonde nokusebenza kukaThixo onguMdali weento zonke.

6Imbewu yihlwayele kusasa, nangokuhlwa ungasiphumzi isandla sakho. Kaloku akuyazi eya kuphumelela: isenokuba yile okanye leya, ukanti zisenokuphumelela zombini.

7Kuyanambitheka ukukhanya; kulungile emehlweni ukulibona ilanga.

8Yixhamle ngokobungakanani bayo iminyaka yokudla kwakho ubomi, ukhumbule ukuba imihla yobumnyama xa ungasekhoyo iya kuba mininzi. Ewe, yonke into ezayo ingamampunge.

Icebiso kulutsha

9Wena mntu osemtsha, yonwaba ngethuba lobutsha bakho, intliziyo yakho ichwayite lo gama uselula. Yenze loo nto isentliziyweni yakho, nditsho leyo

© 1996 Bible Society of South Africa.

ibonwa ngamehlo akho, kambe ke ukhumbule ukuba uza kuziphendulela enkundleni kaThixo ngayo yonke into oyenzileyo.

10Ngoko ke ligxothe ixhala entliziyweni yakho, ukuphephe okunokwenzakalisa umzimba wakho. Kaloku ubutsha namandla awo ngamampunge.

Amava Engqondi 12

1Mkhumbule uMdali wakho ngemihla yobutsha bakho, ngoku ingekafiki imihla yeenkathazo, ingekasondeli neminyaka apho uya kuthi: “Akukho nto imnandi ekudleni ubomi.”

2Ngelo thuba ke ukukhanya kwelanga, inyanga, neenkwenkwezi, kosuka kufiphale kuwe, nezulu lihlale lisibekele ngathi kungemva kwemvula.

3Iingalo zakho ebezikukhusela ziya kuba nomkhinkqi; ngokunjalo nale milenze yakho yomeleleyo okwangoku iya kuba nengevane. Uya kuba ungasenako ukuhlafuna, kuba amazinyo embalwa, namehlo selemfiliba, ungasaboni kakuhle.

4Iindlebe ziya kuba sezixinene, ungabi sayiva nengxolo esesitalatweni, nditsho nesandi selitye lokusila. Uya kuvuka kusasa zisantyiloza iintaka, noxa kungasekho nayiphi na ingoma onokuyiva.

5Ngelo xesha uya kuzoyika iindawo eziphakamileyo, ngokunjalo uziphephe iingozi ezitalatweni. Iinwele zakho zosuka zibe mhlophe oku kom-amangile otyatyambileyo, nasekuhambeni ungabi nako nokuzirhuqa oku, ke yona iminqweno ingabi nako ukuvuseleleka. Kaloku umntu uhlalelwe kukuhamba aye ekhayeni lakhe laphakade, abazili behle benyuka ezitalatweni.

6Ewe kaloku, umxokelelwana wesiliva uya kushunquka, nesibane segolide siwe saphuke; ukanti ke nentambo phaya equleni iya kuqhawuka, nomphanda utsho ukroboke.

7Ke lona uthuli lwethu luya kubuyela emhlabeni, apho lwaluvele khona kakade, umoya ubuyele kuThixo njengoko wawuvela kuye.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Ewe, itsho iNgqondi ukuthi: “Ngamampunge akwampunge! Yonke into ngamampunge!”

Mhlonele uThixo, uyithobele imimiselo yakhe

9Ke yona iNgqondi le ayibugcinanga nje ubulumko bayo, koko yathi rhoqo ukubaphakela abantu kubo. Yazikisa ukucinga, yenza uphando, yayila izafobe ezininzi.

10INgqondi yazimisela ukufumana awona mazwi achanekileyo, inyaniso iyidandalazise njengoko injalo.

11Amazwi ezilumko abukhali oku kwentonga enodalo, kanti ke yona ingqokelela yezafobe itshona lè oku kwesikhonkwane. Zizonke nje zivela kuThixo onguyena Malusi wethu sonke.

12Ngaphezu koko, lutsha, nasi isilumkiso: Ukubhala iincwadi ezininzi yinto engaphele ndawo, kanti ke nokusoloko ufunda kuyawuqoba umzimba.

13Ngoko ke ngoku nasi isishwankathelo salo mbandela: Mhlonele uThixo, uyithobele imimiselo yakhe, kuba oko luxanduva lomntu ngamnye.

14Kaloku uThixo usaza kusimisa enkundleni ngenxa yazo zonke izinto esizenzayo, ngokunjalo nezo zifihlakeleyo, nokuba zilungile, nokuba zimbi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

Uncuthu Lwengoma

Uncuthu Lwengoma 1

[1]Nalu uncuthu lwengoma lukaSolomon.

Umtshakazi

[2]Akwaba ubungakhe undiphuze, undincamise ngaloo mlomo! Aluyole ngako uthando lwakho; luhlasimlisa ngaphezu kwayo newayini!

[3]Isiqholo sakho sithi ndirhogole, negama lakho lifuz' eso siqholo. Yiyo le nto iintombi zithe phithi nguwe!

[4]Khawulezisa, ndithathe simke! Masiye entangeni yakho, kumkani!

Abathelelayo

Siya kugcoba sivuye ngawe! Uthando lwakho luyancomeka ngaphezu kwewayini; iintombi zifanele ukuthi phithi nguwe.

Umtshakazi

[5]Ewe, zintombi zaseJerusalem, ndingunomdakazana, kodwa ndinomkhitha oku kweentente zaseKedare nemikhusane kaSolomon.

[6]Ndingade ndibe ngunomdakazana kodwa noko ke sukundidela; ndifiphele nje kungenxa yelanga. Oonyana bakama basuka bandiqumbela, baza bandenza umgcini wesidiliya, ndaza mna siqu ndaziyekelela.

[7]Khawutsho ke, sithandwa sam, ngaba walusela phi kakade? Ziphumla phi iigusha zakho emini? Ngani ukuba ndibe ngogqubutheleyo ndikufune phakathi kwemihlambi yezihlobo zakho?

Umyeni

[8]Awazi na kakade, nzwakazindini egqwesileyo? Hayi ke, landela umzila weegusha, uye kwalusa amatakane eebhokhwe kufutshane neentente zabelusi.

[9]Hayi ke wena, sithandwa sam, usuke wafana nethokazi lehashe elitsala inqwelo yokumkani waseJiputa.

© 1996 Bible Society of South Africa.

[10]Azizihle ngako ezo zidlele ziphahlwe ngaloo macicikazi, naloo ntamo yakho ivathiswe ngamaso.

[11]Ndokwenzela amacici egolide aqhoqhonywe ngesiliva.

Umtshakazi

[12]Ukumkani uthe esangqengqile ngasetafileni yakhe, isiqholo sam satsho ngevumba elimyoli.

[13]Isithandwa sam ngathi yingxowana yesiqholo semore esithe nca phakathi kwamabele am.

[14]Isithandwa sam ngathi sisipha seentyatyambo zehena, ezo zezidiliya zase-Engedi.

Umyeni

[15]Waza wamhle, sithandwa sam! Ewe, uyinzwakazi ke khona! Amehlo — hotyazana lakwabani!

Umtshakazi

[16]Ewe, uyinzwana ke khona, sithandwa! Hayi, umtsalane wakho! Umandlalo wethu uluhlaza yaka!

[17]Indlu yethu itsho ngemiqadi yemisedare, ngaphakathi yambathiswe ngemipayini.

Uncuthu Lwengoma 2

[1]Ndiyintyatyambo yaseSharon, inyibiba yasentilini.

Umyeni

[2]Njengenyibiba phakathi kwameva sinjalo isithandwa sam phakathi kweentombi.

Umtshakazi

[3]Njengomthi weeapile ehlathini sinjalo isithandwa sam phakathi kwabafana. Akwaba bendingahlala emthunzini wawo; azimnandi ngako iziqhamo zawo!

[4]Wandingenisa endlwini yombhiyozo, wandiphakamisela intshinga yothando.

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Ndomeleze ngesixa seerasentyisi, kananjalo undihlaziye ngeeapile. Kaloku ndiyafa luthando.

6Isandla sakhe sasekhohlo sixhasa intloko yam, esokunene sona siyandiwola.

7Zintombi zaseJerusalem, ndiyanifungisa ngamabhadikazi namanxalakazi asendle: Sanukuluxhokonxa ningaluphembeleli uthando; luyekeni lude luzivukele ngokwalo.

8Khanive, sisithandwa sam eso! Awu, naso ke sisiza: siza siqakatha ezintabeni; siyatsiba-tsiba ezindulini phaya.

9Isithandwa sam ngathi linxala, sona sinjengetakane lebhadi. Naso simi emva kodonga lwakowethu, silolonga efestileni, sinyondla, sikroba emkhusaneni.

10Isithandwa sam sibhekisa kum, sisithi: “Vuka kaloku, sithandwa sam. Awu, uyinzwakazi ke khona! Yiza kaloku, masihambe.

11Kaloku bona ubusika budlule, kananjalo neemvula zigqithile.

12Iintyatyambo ziqhakazile elizweni; ligalelekile ixesha lokuntyiloza. Nâlo ihobe lidumzela; ewe, liyavakala kweli lakowethu.

13Ngoku namakhiwane okuqala ayavuthwa; ukudubula kwesidiliya kutsho ngesiqholo. Phakama uze, sithandwa. Ewe, nzwakazi yam, yiza kaloku, masihambe!”

Umyeni

14Uyintw' engathi lihotyazana lithe nca ezimfanteni zamawa; nditsho elizimela ezintabeni. Vela kaloku ndikubone, ukuze ndive nelo lizwi; nditsho elo liyole kunene. Ubuso bakho buthi ndijonge!

15Khawusibambele ezo mpungutye; ewe, iimpungutyana ezincinci, kuba ziyazonakalisa izidiliya, kanti izidiliya zethu zityatyambile.

Umtshakazi

16Isithandwa sam sesam, kanti nam ngokwam ndingowaso. Sona salusa phakathi kweenyibiba.

© 1996 Bible Society of South Africa.

17Ide ke isangane imini, ke wona amathunzi anabe, jika ubuye, sithandwa sam. Ewe, khawube njengenxala; khawuxel' ithole lebhadi kuloo mixawuka yeentaba.

Uncuthu Lwengoma 3

1Ubusuku bonke emandlalweni wam ndahlala ndimlindele olangazelelwa yintliziyo yam; ndaba ngamjonga kodwa andamfumana.

2Ndosuka ndivuke ndihamba-hambe esixekweni, ndijikeleze ezitalatweni nasemabaleni; ndomzingela lowo ulangazelelwa yintliziyo yam. Ewe, ndaba ngathalaza andamfumana.

3Ke bona abalindi bandibhaqa; bona babehamba-hamba bejikeleza isixeko: “Ngaba khange nisibone isithandwa sam?”

4Ukubanje ndahlukane nabo suka ndagaxeleka kuye ndamfumana. Hayi ke, ndambamba andamyeka, ndaza ndaya naye endlwini kamama, kwigumbi lalowo ndakhawulwa nguye.

5Zintombi zaseJerusalem, ndinifungisa amanxala namabhadi asemathambekeni: Sanukuluxhokonxa ningaluphembeleli uthando; luyekeni lude luzivukele ngokwalo.

6Ngubani na lo uthi gqi entlango, lo ngathi ngumqulu womsi? Nditsho lo uqholwe ngesiqhumiso nentlaka esiphuma kwiziqholo zabarhwebi.

7Tyhini, yinqwelo kaSolomon! Ukhatshwa ngamashumi amathandathu amajoni, ezona ngcungela zamagorha akwaSirayeli.

8Onke agaxel' amakrele; onke ngoompondo zihlanjiwe emfazweni. Ngalinye lixakath' ikrele; selilungel' izigigaba zobusuku.

9Ukumkani uSolomon uzenzele inqwelo, eyenza ngamaplanga omthi waseLebhanon.

10Iintsika zayo zityatyekwe ngesiliva, amazantsi ayo atyatyekwa ngegolide. Isihlalo sona sênziwa ngelaphu elimsobo; umphakathi ke wona uthungwe ngobunono zezo ntombi zaseJerusalem.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11Phumani, zintombi zaseZiyon; khanikhangele nimbone ukumkani uSolomon. Nanko ethwele isithsaba sobukhosi, eso wasithweswa ngunina mhla zawelan' iindonga, mhla intliziyo yakhe yaphuphuma luvuyo!

Uncuthu Lwengoma 4

Umyeni

1Awu ke wena, sithandwa sam, awusemhle ngako — uyinzwakazi enomkhitha! Loo mehlo angaphaya kwesigqubuthelo nqwa namahotyazana; iinwele ngathi ngumhlambi weebhokhwe xa zisihla kwiintaba zaseGiliyadi.

2Loo mazinyo amhlophe qhwa, ngathi ziigusha ezisand' ukuchetywa, kanye xa zigqityw' ukuhlanjwa. Onke asenamaqabane awo, akukho lingumth' uzimele.

3Imilebe ngathi ngumty' obomvu; hay' ukuthandeka kwaloo mlomo! Izidlele ngathi ngamaqhekez' erharnati, ngaphaya kweso sigqubuthelo.

4Ntamo ngathi yinqaba kaDavide, yona yakhiwe ngezintlu zamatye; ithiwe gaxa ezo ntsimbi, ngathi liwaka lamakhaka amagorha.

5Loo mabele ngathi ngamatakane amabini; nditsho amawele ebhadi, ethuku-thukuza phakathi kweenyibiba.

6Ide ke isangane imini, ke wona amathunzi anabe, ndohamba-hamba kwiintaba zesiqholo semore, ndijikeleze kwiinduli zentlaka yesiqhumiso.

7Awumhle ngako, sithandwa sam! Umhle ngenene, awunasiphako!

8Masihle eLebhanon, mtshakazi wam; ewe, masihle eLebhanon. Masihle kwincopho yeAmana, nditsho kumalenga-lenga eSenire, incopho yentaba iHermon, apho zinezikhundla zazo iingonyama, apho zihlala khona izingwe.

9Ewe, uyithimbile intliziyo yam; nditsho wena, mtshakazi wam, dad' ethu. Ngenene intliziyo yam uyibile ngokundithi krwaqu kanye ngaloo mehlo akho, nangomxokelelwane nje omnye entanyeni yakho.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Awu, ndithe swii nguwe, mtshakazi wam, dad' ethu! Uthando lwakho lundanelisa ngaphezu kwewayini; nevumba lamafutha akho lingaphezulu kwazo zonke iziqholo.

11Imilebe yakho, mtshakazi wam, ithontsiza incindi; phantsi kolwimi lwakho lubisi nobusi. Ivumba lezambatho zakho ngathi livumba laseLebhanon.

12Mtshakazi wam, dad' ethu, wena ungumyezo ofihlakeleyo, ngathi ungumjelo obiyelweyo, umthombo ovingcelweyo.

13Izityalo zakho ngathi ngumyezo weerharnati; umyezo oziqhamo zizezodidi: ihena nenadusi ngokwayo.

14Ewe, ikho inadusi nesafroni, okuziikalamo noozisinamoni, iintlobo-ntlobo zemithi yentlaka yesiqhumiso. Asisathethi ke ngemore nekhala nezona-zona ndidi zeziqholo.

15Ngumyezo onkcenkceshwa yimithombo; nditsho imithombo empompozayo, imithombo enkcenkceza kwiintaba zeLebhanon.

Umtshakazi

16Vumbuluka, moya wasentla; vuthuza, moya wasezantsi! Phepheza emyezweni wam, ivumba lawo litsho lithi saa! Masingene emyezweni waso isithandwa sam, singcamle ezona ziqhamo.

Uncuthu Lwengoma 5

Umyeni

1Ndingenile emyezweni wam, mtshakazi wam, dad' ethu. Ndiyifumene imore nezinye iziqholo, ndiyityile incindi nobusi, ndilusele ubisi newayini.

Abatheleli

Yityani nisele, nina zihlobo! Ewe, selani nide nincitheke, nina bathandanayo.

Umtshakazi

2Bendilele, kodwa ingqondo yam iphaphile. Nâso isithandwa sam sinkqonkqoza sisithi: “Ndingenise kaloku, sithandwa sam, dad' ethu, hobe

© 1996 Bible Society of South Africa.

lam, cikizwa wam. Intloko yam imanzi ngumbethe, neenwele zam ngamathontsi asebusuku.”

3Awu, sendikhulule nje! Uthi mandinxibe kwakhona? Sendizihlambile neenyawo. Uthi mandizingcolise kwakhona?

4Isithandwa sam solula isandla kwikroba lokuvula, yatsho yabetha intliziyo yam ngenxa yaso.

5Ndavuka ndisiya kuvulela isithandwa sam, izandla zam zivuza isiqholo semore, neminwe imanzi kwasiso. Ndasichukumisa ndinjalo isitshixo,

6ndasivulela isithandwa sam. Kodwa phi kwaphi, sasimkile nje! Benditsho ndasilangazelela sakuthetha, ndaba ngathalaza andasibona, ndaba ngamemeza, tu impendulo!

7Ndade ndabhaqwa ngabalindi kwimijikelo yabo esixekweni. Hayi ke, bandibetha bandenzakalisa. Nâbo besimka nengubo yam abo bagada iindonga zesixeko.

8Zintombi zaseJerusalem, ndiyanifungisa: Apho nisibone khona isithandwa sam ze nisixelele ukuba ndiyafa luthando!

Abatheleli

9Nzwakazi yeenzwakazi, sibhetele ngani esakho isithandwa? Ngaba siyabedlula na abanye, le nto ude usifungise ngolu hlobo?

Umtshakazi

10Isithandwa sam yinzwana ekomelela; songama nakwishumi lamawaka.

11Intloko yaso yeyona golide, iinwele sisihlwitha esimfaneleko, zimnyama ngathi lihlungulu.

12Yintw' emehlo ngathi lihobe xa lisemithonjeni yamanzi. Ngathi ahlanjwe ngobisi, ahonjiswa okwamatye exabiso.

13Izidlele ngathi ngumhlatyana wezityalo ovelisa iziqholo ezivumba limyoli. Imilebe ngathi yinyibiba, yona ivuza isiqholo semore.

© 1996 Bible Society of South Africa.

14Yintw' engalo ngathi ziintonga zegolide eziqhoqhonywe ngamatye exabiso.
Umzimba ugude njengebamba lendlovu, uqhoqhonywe ngamatye esafire.

15Yintw' emilenze ngathi ziintsika zemabhule ezimiliselwe kwizikhondo
zeyona golide. Yingwanyalala ngathi ziintaba zeLebhanon naloo misedare
ingayiwayo.

16Hay' ukuyola komlomo wakhe; ngenene isithandwa sam sinomtsalane.
Sinjalo ke esam isithandwa, zintombi zaseJerusalem!

Uncuthu Lwengoma 6

Abatheleli

1Nzwakazindini etshatsheleyo, siye ngaphi isithandwa sakho? Ngaba
sibhekise ngaphi, khon' ukuze nathi sikufunise?

Umtshakazi

2Simke saya emyezweni waso, apho kutyalwe iziqholo khona. Sizalusele
khona emyezweni, kananjalo siqokelela iinyibiba.

3Isithandwa sam sesam, nam ndingowaso; salusela phakathi kweenyibiba.

Umyeni

4Awu, waza wamhle, sithandwa sam! Uyinzwakazi okwesixeko iTiza; umhle
nqwa neJerusalem; unesihomo ngathi ngumkhosi onendwe.

5Hayi, musa ukundijonga; amehlo akho ayandongamela. Iinwele ngathi
ngumhlambi weebhokhwe zisihla kuloo mixawuka yaseGiliyadi.

6Amazinyo amhlophe qhwa, ngathi ziigusha zivela kuhlanjwa. Onke
asenamaqabane awo; akukho lingumth' uzimele.

7Izidlele ngaphaya kwesigqubuthelo ngathi ngamacala erharnati.

8Amakhosikazi ngamashumi amathandathu, amaqadi ngamashumi asibhozo,
ngokunjalo nentaphane yeentombi,

9ke mna andiziva ngehobe lam, yena cikizwa wam onguye qwaba!
Nguyedwazana kanina, yena ngumathandwa walowo umzeleyo. Zonk'
iintombi ziyamdumisa zakumbona; unconywa ngamakhosikazi namaqadi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

10Ngubani lo uthi gqi ngathi ngumso, omkhitha ngathi yinyanga, oqaqambe
ngathi lilanga, ondili ngathi ziinkwenkwezi zingumngcelele?

11Ndihle nday' emyezweni wemithi yeenati, ndaya kubuka izityalo entilini.
Ndiye kukhangela ukuba imidiliya iyadubula na, nokuba ngaba imirharnati
iyatyayamba na.

12Ndithe ndingaqondi ndazibhaqa sengathi ndilitshawe lamatshawe,
ndiphethe iinqwelo zokulwa zabantu bakowethu.

Abatheleli

13Buya, buya, mShulemikazi! Buya, buya, ukuze sikubone!

Umtshakazi

Nobona ntoni na kakade kumShulemikazi lo gama angqungqayo phakathi
kwemikhosi?

Uncuthu Lwengoma 7

Umyeni

1Azintle ngako ezo nyawo zisezimbadadeni, nditsho wena ke,
nkosazanandini. Naloo milenze ngathi ziintsimbi zokuhombisa, ngathi
yenziwe zizandla zengcibi.

2Inkab' engqukuva ngathi yingqayi ehlal' inewayini exutyiweyo. Isisu ngathi
yingqumba yengqolowa, yona ijikelezwe ziinyibiba.

3Amabele ngathi ngamawele, nditsho amatakane enxala.

4Intamo injengenqaba yamabamb' endlovu. Amehlo anjengamachibi
aseHeshbhon, lawo angasesangweni leso sixekokazi. Impumlo ngathi yinqaba
yaseLebhanon, leyo ikhangelene neDamasko.

5Intloko ithe cwa, ngathi yintaba iKarmele. Iinwele ngathi lilaphu elimfusa —
buhle bazo buthimba nokumkani.

6Yeka loo mfaneleko, awumhle ngako! Uthando lwakho luyahlasimlisa.

7Yintw' eluthi ngathi lisundu, emabele ngathi zizihloko zeediliya.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Ndosuka nditsiwule kwelo sundu, ndiqhawule kwezo ziqhamo. Amabele
ngathi zizihloko zediliya; umphefumlo wakho livumba leeapile;

9umlomo ngathi yeyona wayini.

Umtshakazi

Loo wayini mayiginywe sisithandwa sam, igqithe kuloo milebe naloo
mazinyo.

10Mna ndingowesithandwa sam; naso ke siyandilangazelela.

11Yiza, sithandwa, siye emaphandleni, siye kulala ezilalini,

12sivuke kwanini, siye ezidiliyeni, ukuze sihlole ukudubula kwazo, sibone
ukuba azikatyatyambi na, siqonde nokudubula kwemirharnati. Khona
ndokuvava ngothando.

13Wofumana ivumba lemithuma nezimuncu-muncu zeziqhamo zisemnyango,
nditsho ezidala nezitsha, ndizigcinele wena, sithandwa sam!

Uncuthu Lwengoma 8

1Akwaba ubungumnakwethu, nditsho owancanca kumama. Bendiya
kukuncamisa naphandle phaya, ndize ndingagxekeki noko.

2Bendiya kukukhokela ndikuse endlwini kamama, yena wandifundisayo,
ndikuseze iwayini edidiyelwe ngezinongo nencindi yeerharnati zam.

3Isandla sakho sasekhohlo besiya kuxhasa intloko yam, esokunene sona
sindiwole.

4Zintombi zaseJerusalem, ndiyanifungisa: sanukuluxhokonxa
ningaluphembeleli uthando; luyekeni lude luzivukele ngokwalo.

Abatheleli

5Ngubani lo uvela ngasentlango, uqhogene nesithandwa sakhe?

Umtshakazi

Ndakuvusa phantsi kom-apile, apho wakhawulwa khona ngunozala wakho,
apho waba nenimba khona owakuzalayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

6Mayibe ndim kuphela osentliziywemi yakho oku komsesane wokutywina;
ewe, mandibe ngumsesane wokutywina engalweni yakho. Lent' uthando
lunamandla nqwa nokufa; ikhwele lalo aliqheliseli oku kwengcwaba.
Ludangazela ngathi lidangatye, luvuthe ngathi ngumlilokazi.

7Alungecinywa nangamanzi; alukhukuliseki naziimpuphuma. Xa
unokulithenga ngobutyebi bonke bendlu yakho ungasuka ube sisigculelo.

Abatheleli

8Thina sinodade wethu; akakantshuli namabele. Kambe, singamenzela ntoni
mhla acelwayo?

9Ukuba ke ebeludonga ngesimakha abe yinqaba yesiliva. Nokuba ngaba
ebelisango ngesimkhusela ngemivalo yomsedare.

Umtshakazi

10Ewe, mna ndiludonga; la mabele ziinqaba. Yiloo nto emehlweni akhe
ndingulowo umphathela ukwaneliseka.

11USolomon unesidiliya eBhali-hamon; uqeshise ngaso kubalimi. Ngeziqhamo
zaso bayarhuma: liwaka leengqekembe zesiliva.

12Esam isidiliya sesam ke! Iwaka lesiliva lelakho, Solomon. Amakhulu
amabini ngawabaqeshi.

Umyeni

13Wena ohlala emiyezweni, osoloko engqongwe zizihlobo, mandilive ilizwi
lakho.

Umtshakazi

14Xhabasha, sithandwa sam! Yiba ngathi ulinxala, ube ngathi ulitakane
lebhadi kwezo ntaba zeziqholo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

UIsaya

UIsaya 1

UThixo ukhalimela abantu bakhe

1KwelakwaJuda ngemihla yookumkani u-
Uziya, uYotam,uAhazi, noHezekiya, uIsaya unyana ka-Amozi wafumana
isityhilelo esivela kuThixo, waza wadanduluka wathetha ngokubhekiselele
kwisizwe sakwaJuda neJerusalem, wenjenje:

2Hoyi-i-i-na! Hoyina, mazulu! Bek' iindlebe, nawe hlabathi! Kaloku
uNdikhoyo uthethe wathi: “Ndakhulis' abantwana ndabondla, kodwa ke
ngoku bajike bandivukela.

3Kambe ke yona inkomo iyamaz' umniniyo, ngokunjalo nedonki iyasazi
isibaya sayo. Ukanti ke yena uSirayeli uvalekile; ewe, abantu bam abazi nto
tu!”

4Yeha ke, sizwe samanyundululu, abantu abasuntsubala bubugwenxa,
nzalandini yamatshijolo, sizukulwanandini sonakalisayo! Kaloku nikreqile
nina kuNdikhoyo, nisuke namdelela uYedwa kaSirayeli; ewe ngenene,
nihlehlile namfulathela.

5Anikaneli kwesingaka sona isohlwayo? Niya kurhoxa nini kolu vukelo?
Mhawoo! Intloko seyide yaboko-boko; xa uwonke nomzimba uvikivekile.

6Phantsi elunyaweni kuye entloko phezulu, hayi konke, kulityufu-tyufu nje!
Kuziingongoma, kuziinduma; azicudiswanga, zingakhanyelwanga nangachiza;
ewe, khange zikhathalelwe zibotshwe!

7Nâlo ilizwe lakowenu liyinkangala; okwakuzizixeko kutshe kwaluthuthu.
Yonke ke loo nto nikho nibukele. Iintlanga ziwuphangile umhlaba wooyihlo;
ewe, ziwubhukuqe zawuvuthulula.

8Ke yona iJerusalem isele yodwa jwi! Seyifana nephempe esidiliyeni;
seyingathi linqugwala emasimini, nqwa nesixeko esingqingiweyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

9Kambe ke uNdikhoyo uSomandla-onke, ukuba ebengasishiyelanga qaqobana,
besiya kusuka sifane neSodom; ewe, ngesitshabalele njengeGomora.

10Nalu udaba lukaNdikhoyo! Luveni, ziphathamandla zaseSodom;
yiphulaphuleni imfundiso kaThixo, nani zima-mhlaba zaseGomora.

11Kaloku uNdikhoyo uyakhala ngawe, Sirayeli; uthi: “Ngawani ke ngoko la
madini angakanana? Mna ndidikiwe ziinkunzi zeegusha ezitshiswayo.
Ndanele nangamanqatha enyama etyebileyo. Andisalifuni igazi leenkunzi
zeenkomo, nditsho nelamaxhwane eegusha neebhokhwe.

12Nide nize kum nje, nibizwe ngubani? Nisafuna ntoni apha kum? Hayi bo!
Phezani ukuyixovula le nkundla!

13Andizifuni izipho namadini aphuthileyo, kwankqu nesiqhumiso senu
siyanditsarha! Andinamdla kwiimbizo neentlanganiso zenu zokuthwasa
kwenyanga noMhla wokuPhumla; amatheko anobugwenxa andikruqule.

14“Ndiyawenyanya onke amatheko enu; nditsho nala okuthwasa kwenyanga.
Kaloku ngoku asuke aluxanduva, ndaye ke ndidiniwe kukuluthwala.

15“Nakukhongozela ngezandla nizibika, mna ndosuka ndiwavale amehlo am.
Noba ningade nibhomboloze, andiyi kunikhathalela mpela; kaloku izandla
zenu zinkone ligazi.

16Khanizicoce nibe nyulu! Yahlukanani nale mikhwa ingcolileyo; yekani
ukwenza izinto ezinje; mandingaze ndiphinde ndizibone.

17Khanifunde ukwenza okusesikweni; zonke izinto zenzeni ngokomthetho.
Khaninyenyise ngakubantu abacinezelekileyo; kanti neenkedama
zilungiseleleni; ngokunjalo nimbonelele nomhlolokazi.”

18Ewe, uNdikhoyo uthi: “Yizani, khe sithetha-thethane. Noba sewudyobheke
wankone sisono, mna ndokuhlambulula utsho ube msulwa; kanti nokuba
sewuyinyhuku-nyhuku, mna ndiya kukwenza ube mhlophe qhwa.

19Ukuba niyavuma ukundithobela, ningabuxhamla ubuncwane beli lizwe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[20]Kambe ke xa ningafuni, nindivukela, niza kusuka nibe lixhoba lekrele. Nditshilo nje ke mna Ndikhoyo, nditshilo!”

Imeko yeJerusalem

[21]Ewe, kambe, sixekondini! Kade uyinzwakazi ngesimo, kodwa xa kunamhlanje-nje, ungumadod' onke. Wawufudul' uphuphuma lucwangco; ngenene wawulikhaya lamalungisa; ke namhlanje ulikhaya lezikrelemnqa.

[22]Kaloku wawukade ucwenge njengesiliva, kodwa ngoku sewuphuthile. Wawufana newayini eyondeleleneyo, kambe namhlanje sewungumngxengwa.

[23]Iziphathamandla zakho zizibhoja, abafo abalala ngangubo-nye namatutu. Bathwangekile kukufun' izipho nezicengo; abaziinkedama abanaxesha labo, kanti nabahlolokazi abazidubi ngabo.

[24]Ngoko ke nanku umlomo kaNdikhoyo – nditsho uNdikhoyo uSomandla-onke, iNgangalala kaSirayeli – uthi: “Ngoku ndiza kukhe ndiphuncule kwiintshaba zam; ewe kaloku, ndiza kuziphindezela.

[25]Ngoku ndiza kuthatha amanyathelo aqatha: ndiza kunikhama ndinicwenge oku kwesinyithi; ndiza kubukhupha buphele tu ububi kuni.

[26]Kaloku ndiya kunibuyisela abalawuli njengantlandlolo, ndinimisele izithwala-ndwe njengamandulo. Kuya kwandula ke kuthiwe ungunobulungisa, ngenene ube ngunontembeko.”

[27]IJerusalem iya kuhlangulwa bubulungisa bukaThixo. Baya kusinda ke bonke abaguqukayo.

[28]Kambe ke baya kutshabalala bonke abavukeli-mbuso nabanxaxhayo; ewe, uNdikhoyo uya kubabhubhisa bonke abakreqi.

[29]Ngoko ke nosuka nibe manyonywana ngenxa yale mithi yemioki niyinqulayo, ngokunjalo nayiloo miyezo yamanyundululu.

[30]Kaloku niya kufana nemioki etshazileyo; niya kuba matwa negadi engankcenkceshelwayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

31Njengoko nengca itshiswa nayintlantsi le, nawo ke amagorha aya kutshabalala. Ewe, aya kubhujiswa yimisebenzi yawo, ibe ke akukho uya kulamla.

UIsaya 2

Uxolo olungaphele ndawo
(Mika 4:1-3)

1Olu ludaba olwatyhilelwa uIsaya unyana ka-Amozi ngokuphathelele kuJuda neJerusalem:

2Ke kaloku ngemihla yokugqibela intaba emi kuyo indlu kaNdikhoyo iya kuba yeyona ibalaseleyo, izikrobele zonke iinduli; nezizwe zonke ziya kugxalathelana ukuya kuyo.

3Ewe, abantu abaninzi baya kuza, bathi: “Yizani siye entabeni kaNdikhoyo, endlwini kaThixo kaYakobi. Yena wosifundisa iindlela zakhe, ukuze thina sihambe ngazo.” Kaloku umthetho wophuma eZiyon, liphume eJerusalem ilizwi likaNdikhoyo.

4Nguye oya kugweba phakathi kwezizwe, abe ngumlamli phakathi kweentlanga ngeentlanga, wona amakrele azo ziwenze amakhuba, yona imikhonto ibe zizitshetshe zokuthena imithi. Kaloku izizwe soze ziphinde ziqulelane ngamakrele, zingasayi kuze ziphinde ziyiqeqeshelwe imfazwe.

5Ngoko ke, nzala kaYakobi, yizani sihambe ngokukhanya okuvela kuNdikhoyo!

Abaziphakamisayo baya kutshitshiswa

6Kambe ke wena, Thixo wethu, ubalahlile abantu bakho, nditsho indlu kaSirayeli! Kaloku bathene nca nezangoma – ezasempuma nezo zaseFilistiya – bayavumisa batsho ngehlombe bekunye neentlanga.

7Nelizwe labo liphuphum' isiliva negolide; ubutyebi babo abunambaliso. Nomhlaba wabo uzele ngamahashe; yinyambalala iinqwelo zabo zemfazwe.

8Awu! Asiyomifanekiso kwilizwe labo! Kaloku bakhahlela kwaizinto ezenziwe kwangabo; banqula umsebenzi wezandla zabo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

9Ewe, uluntu luphuthile, ngenene abantu bahlazekile. Ngoko ke ungaze ubaxolele!

10Ke bona baya kuzifaka emaweni, bazimele baziqhusheke nasemhlabeni, kuba besoyika ingqumbo kaNdikhoyo, bebaleka ukukhazimla kobungangamsha bakhe.

11Ikratshi lomntu lihlalele ukuphuthiswa, nokukhukhumala kwakhe kuthotywe. Ngaloo mini ke nguNdikhoyo yedwa oya kubalasela.

12Kaloku uNdikhoyo onamandla onke uwumisile umhla wembubho; baya kuthi shuu abanekratshi nabaziphakamisayo, nditsho abaqwanyileyo nabaqhoshayo.

13Uya kuyincothula naloo misedare mide yaseLebhanon, ayitoncule naloo mioki yaseBhashan.

14Uya kuzibhukuqa neenkaba-nkaba zeentaba, azilebele neencochoyi zeenduli.

15Andisathethi ke ngeemboniselo eziziinkelekethe. Koba njalo ke nakuzo zonke iinqaba.

16Iinqanawa zokurhweba wozitshonisa, ade antywilisele nezakhiwe ngobugcisa.

17Ewe, ikratshi lomntu liya kuphuthiswa, nokukhukhumala kwakhe kuthotywe, ngaloo mini ibe nguNdikhoyo yedwa obalaseleyo.

18Ngenene ke yona imifanekiso iya kubhujiswa!

19Ke bona abantu baya kungena emiqolombeni, baziqhusheke nditsho nasemingxunyeni, bezimela ubuqaqawuli bobungangamsha bakhe ekufikeni kwakhe eze kuwurhwaqelisa umhlaba.

20Ngaloo mini abantu baya kuyilahla imifanekiso yabo yesiliva neyegolide, nditsho leyo bayenzele ukuyinqula. Ewe, yoba lixhoba leempuku namalulwane.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21Ke bona baya kungena emiqolombeni, bazifake ezimfanteni ezawaneni,
bebaleka ingqumbo kaNdikhoyo, bezimela ubuqaqawuli bakhe ekufikeni
kwakhe eze kuwurhwaqelisa umhlaba.

22Ngoko ke musa ukukholosa ngomntu; kuxa engubani ekrobo-krobo nje!

UIsaya 3

Umbhodamo eJerusalem

1Nanko ke uNdikhoyo onamandla onke! EJerusalem nakwaJuda ubhubhisa
yonke into okwakuyinkxaso nesixhaso. Uza kutshayela kuthi tu ukutya
ngokunjalo namanzi.

2Asisathethi ke ngamagorha namajoni, abagwebi kwakunye nabashumayeli,
oosangoma ngokunjalo neenkunkqela,

3iingqwayi-ngqwayi zomkhosi noosomaqhuzu, amaphakathi nawo onke
amachule, abakhafuli kanti nabemilingo.

4UNdikhoyo uya kubayekela abantu balawulwe ngamakhwenkwe, amagosa
abo abe ngabantu abangenankathalo.

5Kaloku abantu baya kuxhaphazana, ibe nguwashiywa nowashiywa,
nakubamelwane kube kwanjalo, nabantwana bangabahloneli abadala,
nabaphantsi bangazikhathaleli izihandiba.

6Ewe, liyeza ixesha apho abendlu enye baya kunyanzelana bathi: “Ngokuba
wena unawo nomnweba ngoko ke sikhokele kuwo lo mbodamo.”

7Kambe ke lowo uya kuphendula athi: “Hayi, ndiyekeni, andinako mpela
mna. Ndiyimpula kalujaca; andinakutya nazambatho; ngoko ke andinako
ukunikhokela.”

8Kaloku iJerusalem iyafadalala nelakwaJuda livuthulukile. Kaloku ukuthetha
nokwenza kwabo kusoloko kuchasene noNdikhoyo. UThixo bamdelile;
abamazele nto mpela.

© 1996 Bible Society of South Africa.

9Ubutyala babo abufihlakali; kaloku banjengeSodom, badlisela ngokona. Futhi ke abanazazela ngaloo nto; ewe, kunyembelekile kubo! Isikhuni sibuye nomkhwezeli.

10Kambe ke, hayi inyhweba yâbo balungisayo! Bona baya kuxhamla iziqhamo zemisebenzi yabo.

11Kodwa ke kunyembelekile ngakwizikhohlakali, kuba zojikelwa kwazizenzo zazo.

12Abantu bam baxhatshazwa naziimveku, bade balawulwe nangabafazi. Ewe, lusapho lwam, iinkokheli zenu ziyanintlokothisa; senide nadideka, anayazi nemaniyenze.

Intlekele kwelakwaJuda

13Ngoku uNdikhoyo uzimisele ukuxoxa; seleza kugweba iintlanga.

14Ewe, uza kuwisa isigwebo kumadod' amakhulu nakumatshawe. Nasi isityholo asimisayo: “Nini abanqwamze isidiliya, nemizi yenu iyaphuphuma zizinto eniziphange kubantu abahlelelekileyo.

15Ngani ukuba nibaxushe abantu bam? Ngani ukuba niwaxhaphaze amahlwempu? Lumkani ke, kuba ndithethile mna Ndikhoyo onamandla onke.”

Isilumkiso kumabhinqa aseJerusalem

16 UNdikhoyo uyathetha, uthi: “Asikratshi kubafazi baseJerusalem! Bafathula nje, beqhiwul' iintamo. Ungafika belaqaza, becel' injezu. Ewe, nâbo bechul' ukunyathela, bekrocozisa loo miliza yabo.

17Ewe, ndiza kubagugula iinwele, ndibarhawule ngesikhakh' entloko, batsho ngaloo mabunzi achengezelayo.”

18Ewe, uyeza umhla apho iNkosi iya kubohlutha konke abazidla ngako abafazi baseJerusalem – nditsho loo miliza bayinxibayo, naloo malaphu bawathwalayo, amaso ngokunjalo,

19neebhengile namacici. Iya kuzisusa izigqubuthelo zabo,

© 1996 Bible Society of South Africa.

20iminqwazi, izacholo zamaqatha, imitya ehonjisiweyo esinqeni, amaso
anesiqholo, kunye namakhubalo.

21Iya kuyohlutha naloo misesane bayifaka eminweni nasezimpumlweni,

22nditsho zonke iingubo, imiwundu-wundu neelokhwe, ngokunjalo nezipaji,

23nezipili. Iya kuthatha nezo lokhwe zabo zicikiziweyo, iitshefu zelinen
nezikhafu, naloo malaphu bagquma iintloko ngawo.

24Mh-mh-mh, kuthi khaphu! Kaloku abasaziqholi! Ngoku abasenabhanti;
babhinqa ngeentsontela. Neenwele zigugulwe; asiyonkqayi; yehaa!
Abasenalokhwe ngoku, bayadlakazela. Ubunzwakazi babo sebukukuhlazeka.

25Okwakungamadoda esixekweni apho, nditsho namagorha la embala, akayi
kubuya emfazweni.

26Ewe, namasango esixeko ngokwawo osuka ahlahlambe agixe, nesixeko
ngokwaso sofana nomfazi othe bhaxa phantsi ngengub' esele.

UIsaya 4

1Ke kaloku abafazi abasixhenxe bobambelela ndodeni-nye, bathi: “Sinako
ukuzixhasa ngokutya nempahla yokunxiba; kambe ke into esiyicelayo kukuba
sibizwe ngegama lakho, ukuze siphume ehlazweni.”

Ikamva leJerusalem

2Ngelo xesha ke ihlumelo eliveliswe nguNdikhoyo liya kukhula ligabadele
libe lihle gqitha. Ke imveliso yomhlaba iya kuba ligugu nebhongo kuloo
maSirayeli asindileyo.

3Elo qaqobana labantu abachongwe nguThixo basala eJerusalem bokwaziwa
ngokuba ngabantu bakaThixo ncakasana.

4Kaloku iNkosi iya kukuhlambulula ukungcola kwabafazi baseZiyon,
iligutyule negazi eliphalele eJerusalem, nto leyo iya kuyenza ngoMoya wayo
ogwebayo, uMoya wayo ovuthayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5Intaba iZiyon nabo bonke abakuyo uNdikhoyo uya kubagubungela ngelifu alidalileyo elirhuqayo emini, aze ngokuhlwa abakhanyisele ngedangatye eliqaqambileyo. Ewe, uThixo isixeko eso uya kusisitha asikhusele ngobungangamsha bakhe.

6Ngenene isixeko esi siya kuba semthunzini ngexa lasemini, sibe yinqaba sikhuseleke ezimvuleni nakwiinkqwithela.

UIsaya 5

Ingoma engesidiliya

1Makhe ndintyiloze ndivum' ingoma, ingoma ngogxa wam nesidiliya sakhe. Ugxa wam wayenesidiliya kwinduli echuma kunene.

2Wawuphethula umhlaba, wawageqa amatye, waza watyala idiliya yodidi. Kwalapho wakha nemboniselo; ngokunjalo wenza nesixovulelo. Waza ke wanqumama ekholosile; suka ke zona iidiliya zavela zingezizo.

3“Athi ke, nina bemi baseJerusalem, ngokunjalo nani, bantu bakwaJuda! Ndiyanibongoza, khanahlule phakathi kwam nesidiliya sam.

4Ngaba yintoni endingasenzelanga yona? Yiyiphi enye into engendisenzele yona? Ngaba uphi undonakele? Kaloku mna ndithe ndijonge iidiliya, suka sona savelisa ezingezizo.

5Phulaphulani ke, mna ndinixelele, nantsi into endiya kusenza yona: ndoyisusa loo nto ndisibiyele ngayo, sitsho sibe sisisulu sokubhuqwa; ndiya kuzidiliza iindonga ezisibiyeleyo, imidiliya ibe sisisulu sokunyathelwa.

6Ndosiyeka nje, side sibe lifusi; isidiliya singàthenwa, singàhlakulwa, sikhule utshungu nenkunzane. Namafu ngokwawo ndowagunyazisa ukuze angasiphatheli namvula.”

7Isidiliya sikaNdikhoyo onamandla onke yindlu kaSirayeli; ewe, esi sidiliya ngamaJuda, wona angumyezo oligugu lakhe. Yena walindela okusemthethweni kuwo, suka wona ee dyubhu ngobutyadidi begazi! Wayelindele ubulungisa kuwo, suka yasisijwili sokuzibika!

© 1996 Bible Society of South Africa.

Isohlwayo ngenxa yobundlobongela

8Kunyembelekile ke kuni, kuba nithatha imizi ninemizi. Nongeza amasimi, ninawo amasimi, nifunzel' ukugqiba konke tu, ibe nini nodwa abemi kweli lizwe.

9Ndimvile uNdikhoyo onamandla onke; ewe, ufunge wathi: “Ngenene la mapomakazi ezindlu ndowatsho akhal' ibhungane, neenzwakazi zemizi zoba ngamanxuwa.

10Kwisidiliya esiziindima ezilishumi kuya kuphuma umphanda wewayini kuphela, ize yona imbewu ezele ingobozi ivelise isitya sengqolowa kuphela.”

11Yeha! Kunyembelekile kuni, nina bavuka ekuseni, nisukelana notywala kube njeya; nina bajikeleza kude kube sebusuku, nide nibe zizinxada-nxada kukunxila!

12Kwezo ziyunguma sisigingci nehapu, umrhubhe nefluthi, ndawonye notywala; uNdikhoyo yena animkhathalele, nemisebenzi ayenzayo aniyihoyanga.

13Ngenxa yokuba bengaqiqi abantu bam baza kuthinjwa. Oomaqhuzu babo bofa yindlala, ngokunjalo nomndilili ufe lunxano.

14Ngoko ke elabafileyo libalambele; ewe, ingcwaba likhamise ng'aa, liza kuziqongqoloza izihandiba zaseJerusalem. Ngokunjalo nezihlwele ziya kutshona kulo, ingabi yongxolo ke, ibe yingxuba kaxaka!

15Abantu baya kuthotywa bawe bhaxa; abakhukhumeleyo baya kuhlazeka.

16Kodwa ke uNdikhoyo onamandla onke uphakanyiswa bubulungisa bakhe; ewe, yena uThixo onguYedwa wozicacisa ngobulungisa bakhe.

17Amatakane aya kutya kuloo mabhodlo, nawebhokhwe atsho afumane idlelo.

18Lusizi lodwa kwabarhuqa ukona ngomnxeba wokuxoka, abo balandelwa sisono ngathi basirhuqa ngentsontela,

© 1996 Bible Society of South Africa.

19abo bathi: “UThixo makakhawulezise; makangxame enze sibone kaloku. Masifike isicwangciso sikaYedwa kaSirayeli, ukuze nathi sibe nokusiqonda.”

20Kulusizi kwabathi ububi kokuhle, nakwabo bathi okuhle bububi; nditsho abathi ubumnyama kukukhanya, bajike bathi ukukhanya bubumnyama. Bona ekrakrayo bathi imnandi, ukanti emnandi bathi iyakrakra.

21Kunyembelekile kwabo bazicingela ukuba bazizilumko; nditsho abo bazicingela ukuba bandwebile.

22Yeha ke nina, makroti asetywaleni, nina bangamachule okuxuba utywala;

23nditsho nina bamkhululayo onetyala, ngenxa yokuba nifumene isicengo, nina babugqwethayo ubulungisa komsulwa!

24Ngoko ke niya kufana nomququ, wona ulencwayo lidangatye; nani niya kuba njengengca, yona ishwatyaniswayo ngumlilo. Niya kusuka nibole iingcambu; intyatyambo yenu iya kuvuthuluka. Kaloku niyimangele ingqeqesho kaNdikhoyo onamandla onke, nalitshica ilizwi likaYedwa kaSirayeli.

25Ewe, uNdikhoyo uyalwa nabantu bakhe; wosuka abathi mpaka ngesandla sakhe! Ke zona iintaba zonyikima, izidumbu zibe yinkunkuma ezitalatweni. Naxa kunjalo nje usavutha ngumsindo; ewe, akajiki, uyalekuza.

26UNdikhoyo uza kuxhokonxa isizwe esikude; uza kuntyontyela esiseziphelweni zehlabathi. Nâso ke sisiza sigxalathelana!

27Amajoni aso akakhubeki, engadinwa; wona akozeli, akalali nokulala. Ezawo iibhanti azikhululeki, nemitya yeembadada zawo ayiqhawuki.

28Iintolo zawo azibukhali, ziingcangula; ewe, ziinto ezihlala zityedile. Iimpuphu zamahashe – nyengane yakwabani! Ke wona amavili eenqwelo sisitshu.

29Ziinto ezivungama okwengonyama; ewe, umgqumo wazo ngathi yingonyama entsha. Zigragrama zilithi xhwii ixhoba lazo, zilithi xhakamfu kungabikho unokulamla.

© 1996 Bible Society of South Africa.

30Ngaloo mini ke zibhavumla phezu kwalo, zitsho ngomgqumo ngathi lulwandle. Wothi wakukrwaqula ke kulo mhlaba ufike uyinkxwaleko nembonde-mbonde, ukukhanya kuginywe bubumnyama bamafu.

UIsaya 6

Ukubizwa kukaIsaya

1Ngonyaka awasweleka ngawo ukumkani u-Uziya, ndayibona iNkosi ihleli kwibhotwe layo eliphakamileyo nelizimasekileyo. Yayizithe wambu ngomnweba owawulurhululu lomwundu-wundu owalitsho lazala qhu elo pomakazi liyindlu yayo.

2Yayiphahlwe zizithunywa ezimaphiko ngamathandathu. Ngasinye-ngasinye kuzo, isibini samaphiko sasigqume ubuso, isibini sambathise iinyawo, ukanti ke ngala mabini aseleyo sasiphaphazela.

3Zazikhwazana zixelelana zisithi: “Hay' isidima, ayisosidima, ayisosidima kuNdikhoyo uSomandla-onke! Ubungangamsha bakhe bulizalisile ihlabathi jikelele!”

4Ke kaloku eso sandi samazwi azo sazitsho zazama-zama iziseko zelo pomakazi; asisathethi ke ngomsi owawulapho, kuba wawubophe kulitsili nje!

5Suka ke mna ndadanduluka ndathi: “Athi ke mna, mntu uludwayi! Kuxa bendingubani kakade ndingumfi nje! Kaloku nokuthetha kwam kuvuza ukona, ibe ke ndimi phakathi kwabantu abathi bakuthetha kurhuq' ukona. Kambe ke naxa kunjalo, uKumkani onguNdikhoyo uSomandla-onke ndimbone ngala wam amehlo!”

6Sasuka ke esinye sezo zithunywa ezimaphiko saphaphazela seza kum, siphethe ilahle elivuthayo, esasilithathe ngesibambo phaya kwiqonga leziqhumiso.

7Safika sandirheca ngalo apha emlonyeni, saza ke sathi: “Uyabona ke, likurhecile nje ngoku eli lahle, buphelisiwe ubutyala kuwe, zaye ke nezono zakho zicanyagushelwe.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8INkosi ke yadanduluka yathi: “Yaz'ba ndiya kuthuma bani na? Ngubani
ongaba sisigidimi sethu?” Ke mna ndiphendule ndathi: “Thuma mna;
ndiyaya!”

9Ke yona yathi: “Yiya kwaba bantu, uthi kubo: “ ‘Niya kuphulaphula
niphulaphule, ningaqondi noko; niya kujonga nijonge, kodwa ningaboni nto!’

10Iqhube yenjenje: ‘Yenze gqathu-gqathu ingqiqo yaba bantu; iindlebe zabo
uzivale zivingceke tu, namehlo abo ke uwavale mba, hleze babone ngamehlo
abo, okanye beve ngeendlebe zabo, mhlawumbi baqiqe ngeengqondo zabo,
nto leyo ke iya kubenza basuke beze kum banyangeke.’ ”

11Ndibuzile ke mna ndathi: “Koda kube nini na kunje, Mhlekazi?” Ke yena
undiphendule wenjenje: “Izixeko zoda zibe ngamabhodlo; ewe, koda kukhal'
ibhungane, imizi ingahlalwa bani mpela, nomhlaba ubhuqeke ube
yinkangala.

12Ewe, xa bebonke ndiya kubafudusa, kulo mhlaba kusale kukwanti-zitshile.

13Noba kungakho mngqandanda usalayo, nawo ngokwawo uya kutshitshiswa
kuthi tu! Kambe ke uya kufana nomterebhinte nom-oki, mithi leyo ivelisa
ihlumelo yakugawulwa. Kananjalo ke isiphunzi sohlanga siya kuba nalo
ihlumelo.”

UIsaya 7

Udaba oluya kukumkani uAhazi

1Ke kaloku kwabakho imfazwe kwelakwaJuda ngethuba lokulawula
kukakumkani uAhazi unyana kaYotam, umzukulwana kaUziya. URezin
ukumkani wama-Aram , ekunye noPeka unyana kaRemaliya
owayengukumkani wakwaSirayeli, bahlasela iJerusalem, kodwa babuya ze.

2Ukumkani wakwaJuda uthe akulufumana udaba lokuba imikhosi yama-
Aram seyingxange kumhlaba wakwaSirayeli, akoyika wangcangcazela, yena
nabantu bakhe, okwemithi ishukunyiswa ngumoya.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

3 UNdikhoyo ke uthethe noIsaya wathi: “Hamba nonyana wakho uMasalela-obuya, uhlangabeze ukumkani uAhazi. Niya kudibana naye endleleni phaya kulaa ndawo basebenzela kuyo abasonti belaphu, ekupheleni kwalaa mjelo utsala amanzi kwelaa qula liphezulu.

4Yithi kuye: ‘Hlala uthe qwa uzole, ungabhuduzeli ube nevuso. Kaloku lo msindo kakumkani uRezin nama-Aram kunye nalo kakumkani uPeka unyana kaRemaliya ufana nje nokutsitsitheka komlilo weviti.

5Ama-Aram ekunye namaSirayeli phantsi konyana kaRemaliya baceba iyelenqe ngawe.

6Bathi: “Masilihlasele ilizwe lakwaJuda, silithathe sahlulelane ngalo, size simisele unyana kaTabhele abe ngukumkani.”

7Kambe ke iNkosi uNdikhoyo ithi: “ ‘Unotshe; soz' ihle loo nto! Hayi, into enjalo soze yenzeke tu!

8Kaloku intloko yama-Aram yiDamasko, ibe ke yona intloko yeDamasko nguRezin. Okokwakhe ke uSirayeli, kwisithuba nje samashumi amathandathu anantlanu eminyaka, uya kuvuthuluka kungasali nempunde le – ewe, buya kubhanga ubuzwe bakhe.

9Kaloku intloko yamaSirayeli yiSamariya, ibe ke yona intloko yeSamariya nguPeka unyana kaRemaliya. Kambe ke ukuba ithemba lakho alimilanga, soze ume.’ ”

Umqondiso ngoNkosinathi

10 UNdikhoyo waqhuba wathi kuAhazi:

11“Yitsho kuNdikhoyo uThixo wakho akunike umqondiso, noba ngowasenzonzobileni kwelabafileyo okanye emajuku-jukwini phezulu.”

12Ke kaloku uAhazi uphendule wathi: “Hayi, andiyi kuwucela umqondiso; andithandi kumlinga uNdikhoyo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13UIsaya ke uphendule wathi: “Khawuphulaphule, ndlu kaDavide! Ngathi uyithatha kancinci into yokudinisa abantu! Ngoku sewufunzela ukukruqula noThixo wam lo?

14Ngoko ke yiNkosi ngokwayo eza kukunika umqondiso! Kaloku intombi ikhulelwe, ibe ke iza kuzala unyana, imthiye igama elinguImanuweli.

15Ke kaloku loo nkwenkwe iya kuthi xa seyikwazi ukukhetha phakathi kokubi nokuhle kube sekudliwa ngendeb' endala, ingamasi nobusi.

16Kambe ke lothi lingekafiki nelo thuba, ibe yona imihlaba yaba kumkani bakuphakuzelisayo seyikhal' ibhungane.

17“Wena nabantu bakho ndawonye nekomkhulu liphela uNdikhoyo uza kunizisela inkxwaleko engathethekiyo engazange yalanywe okokoko waqhekekayo umbuso kaSirayeli kowakwaJuda. Ewe, uza kunithumela ngokumkani wama-Asiriya.

18“Ngelo xesha ke uNdikhoyo uya kutsho ngomtyangampo wekhwelo, atsho amaJiputa ancothuke kwelikude kwiintlambo zomlambo iNayile, eze ngathi libubu leempukane. Kanti kananjalo nama-Asiriya aya kuphuma kwelakowawo ebhubhuzela exel' iinyosi.

19Elo bubu ke liya kuyambathisa nje imixawuka ndawonye nemiqolomba emaweni phaya; ewe, liya kunwena lithandele nenameva imithi, lingashiyi nalinye idlelo.

20“Ngelo thuba ke uNdikhoyo uya kuqesha umchebi waphesheya komlambo iEfrati ukumkani waseAsiriya! Yena ke uya kunigugula zonke iinwele neendevu noboya.

21“Lakugaleleka ke elo xesha nomlimi osalelwe yimazi yenkomo enye, neemazi zeegusha ezimbini,

22kangangokuba ziya kuba zisehlisa, kuya kuba yintlutha emzini wakhe. Ewe, kaloku loo masalela ashiyekileyo kweli lizwe aya kudla ngendeb' endala, ingamasi nobusi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

23“Ngelo xesha ke izidiliya ezinemithi eliwaka kuso ngasinye – mithi leyo
ixabisa iwaka leesiliva – ziya kuba zitshone lè, zonganyelwe sisiphingo
nobobo.

24Ke bona abantu baya kujikeleza neentolo zabo bezingela. Kaloku lonke eli
lizwe loba liphanjwe ngamatyholo anameva ndawonye nobobo.

25Kwezo ntili apho kwakufudula kulinywa khona kuya kuba kwene
ngangokuba kungabi nakusondela mntu khona. Ewe, amasimi abo selejike
angamadlelo eenkomo kwaneegusha.”

UIsaya 8

Unyana kaIsaya ngumqondiso

1 UNdikhoyo wathetha nam wathi: “Thatha ithwathwa elikhulu lokubhala,
ubhale cacileyo uthi: ‘Phangamaxhoba.’

2Ngokunjalo ke thatha amadoda amabini athembekileyo, umbingeleli u-Uriya
noZakariya unyana kaYebherekiya, abe ngamangqina am.”

3Emva koko ke inkosikazi yam yakhawula, yaza yazala unyana. UNdikhoyo
ke wathi igama lakhe malibe nguPhangamaxhoba.

4Waqhuba wathi: “Kothi loo nkwenkwe ingekakwazi nokuthi: ‘Mama,’
okanye: ‘Tata,’ bube bonke ubutyebi baseDamasko, ngokunjalo namaxhoba
aseSamariya, selethathwe ngukumkani waseAsiriya.”

Ukuza kokumkani waseAsiriya

5Uphindile uNdikhoyo wathetha nam,

6wathi: “Ngenxa yokuba aba bantu bewamangele amanzi ankcenkceza
eShilowa, futhi bemvuyelela ukumkani uRezin nokumkani uPeka,

7mna ndiza kubazisela irhuluneli yaseAsiriya kunye nemikhosi yayo,
imhlasele uJuda. Ukugaleleka kwayo iya kuba ngathi kukuzalisa nokutyekeza
komlambo omkhulu iEfrati.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Ukungena kwawo kwelakwaJuda lo mkhosi uya kukhukulisa okomlambo ozeleyo. Wosuka uyinabise imisinga yawo, ngayo ulintywilisele eli lizwe jikelele. Tarhu, Imanuweli!

9“Ke nina zintlanga, hlaban' umkhosi ninkwantye! Nina zizwe, bekan' indlebe niphulaphule! Qulani niligangathe – kodwa ke – rhorho! Xhobani nif' amacala – niza kuthi shuu!

10Noba ningade nicebisane, yoba lilize elo; ningathwesana nje kodwa soze niphumelele, kuba kaloku uThixo unathi.”

UIsaya uyacetyiswa

11 UNdikhoyo wandibamba ngesandla, wandilumkisa ukuze ndingazilandeli iindlela zaba bantu, wathi:

12“Izinto abathi liyelenqe wena sukuvuma ukuba ziliyelenqe, ungazixhaleli nezinto abazoyikayo bona.

13Kaloku nguNdikhoyo uSomandla-onke ongcwele, ngoko ke nguye omawumhlonele umthobele.

14Yena uya kuba ngumqolomba wakho. Kambe ke kuzo zombini izindlu zikaSirayeli uya kuba lilitye elibakhubekisayo, ulwalwa olutyibilikisayo, nakwiJerusalem ngokwayo abe ngumgibe obambisayo.

15Baninzi ke abaya kukhubeka; ewe, baya kukhahleleka phantsi bacumke; ndithi baya kurhintyeleka emgibeni.”

Isilumkiso ngabafileyo

16Nina ke, mahlakani am, lwaluseni nilugcine udaba nomthetho kaThixo.

17Ke mna ndiya kukholosa ngoNdikhoyo, lo uyifulatheleyo indlu kaYakobi; ewe, mna ndokholosa ndithembele ngaye ngokupheleleyo.

18Ndim lo kunye nabantwana andinike bona uNdikhoyo. UNdikhoyo uSomandla-onke, obhotwe lakhe likwintaba iZiyon, thina usenze sangumqondiso nomzekelo kumaSirayeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.

19Xa benicebisa besithi yiyani kwabavumisayo, abanesholog u, nabanoonomathotholo, kutheni ukuba ningababuzi nithi: “Ngani ukuba abantu bangabuzisi kuThixo wabo? Ngani ukuba abantu babuzise kwizinyanya, bathetha-thethane nabafileyo ngenxa yâbo baphilayo?”

20Into efunekayo kukuthobela umthetho nemfundiso kaNdikhoyo. Xa bengayenzi ke loo nto abanakamva.

Isithwakumbe

21Ke kaloku abantu baya kubhadula ezweni, bexhwalekile, belamba. Bekwelo phango ke bosuka babe lugcala-gcala, bakhangele esibhakabhakeni, bamshwabulele ukumkani wabo ngokunjalo noThixo wabo.

22Boba ngakhangela bangaboni nto yimbi ehlabathini ngaphandle kwenkxwaleko nomnyam' ombonde-mbonde ongaphephekiyo.

UIsaya 9

Ukumkani ozayo

1Kambe ke akuyi kuhlala kumnyama kwabo bebesezinkxwalekweni. Kwilixa lamandulo elakwaZebhulon nelakwaNafetali lalidelekile, kambe ke kwilixa elizayo lo mmandla uya kuzuza udumo; nditsho ukusuka kulwandle lwasempuma ujikele uwele iJordan, uye kuthi gaa ngeGalili yeentlanga.

2Abantu ababemfamza ebumnyameni ngoku bakufumene ukukhanya; kwabo babehamba ebumnyameni kubo uthe qheke umsobomvu.

3Wena usandisile isizwe sakho, usuke waluthi chatha uvuyo lwaso. Ngoko ke siyachulumacha ngenxa yakho, de ngathi sinemihlali ngexa lokuvuna, sengathi sigcotyiswe kukuxhaphaz' amaxhoba.

4Kaloku wena uyaphule idyokhwe yaso, ulususile uxanduva nomqobo obusemagxeni. Leyo ke yingcinezelo yomcinezeli. Wena ubuthe kwanga kungomhla wamaMidiyan.

5Zonke izihlangu zomkhosi ogxashizayo, nazo zonke iimpahla ezidyojwe ligazi, ziya kutshatyalaliswa ngomlilo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

6Andithi na kaloku thina sizalelwe umntwana; kaloku thina silizwe ngonyana.
Nguye ke oya kulawula. Ke yena wothiywa igama kuthiwe nguMcebisi
omangalisayo, uThixo oligorha, uSonini-nanini, iTshawe loxolo.

7Yena uya kuba yingangalala, into embuso uluxolo olungaphele ndawo. Yena
uya kungena ezihlangwini zikaDavide, umbuso wakhe awumilisele ume
ngxishi, uxhathise ngomthetho nangobulungisa, ukusukela ngoku kude kube
nini-nini. UNdikhoyo onekhwele, nditsho uSomandla-onke, nguye oya
kuyenza loo nto!

UNdikhoyo uyalwa noSirayeli

8INkosi ithumele udaba kuSirayeli; ewe, lona luya kuwa phezu koYakobi.

9Bonke ke abantu baya kuluqonda, uEfrayim nabemi baseSamariya, abo
baqholosa ngendelelo, besithi:

10“Naxa nje zidilikile izindlu zezitena, thina siya kwakha ngamatye
aseleqingqiwe; ngenene yona imithombe igawulwe, kodwa thina sotyala
imisedare.”

11 UNdikhoyo ubayekele ngeentshaba, nditsho iintshaba zeentshaba zabo;
ewe, usuke wabaxhokonxela iintshaba.

12Ngama-Aram ngasempumalanga, ibe ngamaFilistiya ngasentshonalanga; xa
zizonke zigragramela uSirayeli. Naxa kunjalo uNdikhoyo usafuthekile; nanko
elekuza ngaloo ngalo yakhe!

13Kodwa suka abantu abazisola; hayi, ababuyelanga kumohlwayi,
abazigobanga kuNdikhoyo uSomandla-onke.

14Ngoko ke uNdikhoyo wosuka amohlwaye uSirayeli: uya kumnquml' intloko,
amgumpul' umsila; uya kuncothul' isundu, asiphul' ingcongolo.

15Intloko ke ngabadala nezihandiba; wona umsila ngabashumayeli bobuxoki.

16Kaloku aba bantu bayalahlekiswa; ewe, bona bayaphuphuthekiswa.

17UNdikhoyo ke akasabakhathalele nabafana, akayi kuthi thiki
nangabahlolokazi neenkedama, kuba bonke zintw' ezingento, bakhohlakele,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

imilomo yabo iphuphum' ububi. Naxa kunjalo uNdikhoyo usafuthekile; nanko elekuza ngaloo ngalo yakhe!

18Kaloku inkohlakalo yabantu ivutha njengomlilo; ileny' inkunzane ngokunjalo nobobo, idangazel' okomlilo wehlathi, ithunquza okwentshinyela yomsi.

19Ngenxa yomsindo kaNdikhoyo onamandla onke eli lizwe liza kuvutha, umlilo udangazeliswe ngabantu, kungabikho nonak' umntakwabo.

20Bonqwamza ngapha, bangahluthi noko; banqunqude ngapho, banganeli noko; ewe, boda batye noogxa babo.

21UManase noEfrayim bosuka bahlaselane, kananjalo bosuka badibane ngoJuda. Naxa kunjalo uNdikhoyo usafuthekile; nanko elekuza ngaloo ngalo yakhe!

UIsaya 10

1Yeha ke, nina niqulunqa imithetho yobutshijolo, nina baqingqa imithetho yokucinezela abantu,

2ukuze amahlwempu angafumani malungelo, nokuze abacinezelwa bona bangalungiselelwa. Nisuka nibaxhaphaze abahlolokazi, iinkedama zona zibe ngamaxhoba enu.

3Yaz'ba nothini na mhla yajika imeko, mhla kwathi gqi isithwakumbe kwelikude! Ngaba ke nobalekela kubani, bethu? Ubutyebi bona ke nobufihla phi?

4Ewe, koba kungasekho ndlela-mbini ngaphandle kokuzinyakathisa phakathi kwabathinjwa, okanye nirhuqwe ndawonye nabaginwa. Naxa kunjalo uNdikhoyo usafuthekile; nanko elekuza ngaloo ngalo yakhe!

Ukusetyenziswa kweAsiriya

5 UNdikhoyo uthe: “Hayi ke, yena uAsiriya! Uyinduku endohlwaya ngayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

6Ndibathumela ngaye abangakhathalele Thixo; ndibabetha ngaye abandicaphukisayo, ukuze abathimbe, axhaphaze amaxhoba, abaxovule njengodaka endleleni.

7Kambe ke yena uAsiriya akakhw' apho; kuthe kanti yena unanjongo yimbi. Suka yena wazimisela ukutshabalalisa; izizwe yena ufun' ukuzicim' igama.

8Kaloku uAsiriya uyaqhayisa, uthi: ‘Iingqwayi-ngqwayi zam zikwangookumkani!

9OoKaleno nooKarkemishe bona ndabageqa; iiHamati neeArpadi ndazisukelisa; kooSamariya nooDamasko ndathi ginyi-qobo!

10Izikumkani ezinqula imifanekiso ndazoyisa – mifanekiso leyo yayiyinyambalala, ingaphezu kweyeJerusalem neSamariya.

11Ndayitshabalalisa iSamariya, ndenjenjalo nakwimifanekiso yayo. Ndisaya kwenjenjalo ke naseJerusalem kwakunye naloo mifanekiso yayo.’ ”

12Kambe ke yona iNkosi ithi: “Ndakuwufeza umsebenzi wam kwintaba iZiyon eJerusalem, ndiya kubuya ngayo ikumkani yaseAsiriya, ndiyohlwaye. Kaloku iyadelela, futhi xa iqhayisayo

13ithi: “ ‘Lo ngumsebenzi wamandla am! Obu bubunkunkqela nengqiqo yam! Ndiyidedisile imida yezizwe, ndaza ndazenzela kwindyebo yazo; njengengangamsha ndizikhiqile izikumkani.

14Ubutyebi bazo suka bafana namaqand' entaka, ndaza ke mna ndathatha ndathaphulula nje! Njengomntu oxhaphaza amaqanda asisisulu, ndenjenjalo ukuziqokelela izizwe. Ndizenzela nje kungaqhwaqhwazi nephiko eli, kungekho nantaka ekhe yakrotsha!’ ”

15Lingazenza bhetele na izembe kunomgawuli, khona isarha kunomsarhi? Asiyonduku ephakamisa umniniyo; kaloku iba ngumntu oyiphakamisayo.

16Ngoko ke iNkosi uNdikhoyo uSomandla-onke iya kuzifaka isibetho izigantshontsho, ilitshise ngomlilo elo qhayiya lazo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

17UThixo olukhanyiso lukaSirayeli wosuka afike abe ngumlilo, uYedwa
kaSirayeli abe lidangaty' elilenyayo, ngamini-nye abhubhise konke nje,
nditsho nameva kunye nobobo.

18Loo masimi achumayo naloo mahlathi ashinyeneyo wosuka yena awabhuqe
bhuqiyane, oku komkhuhlane usutywa kukufa.

19Kuloo mahlathi kosala imingqandandana nje engábalwa lula nayimveku le.

Kobuya iqaqobana kuphela

20Liyeza ixesha apho elo qaqobana lisindileyo lamaSirayeli lingayi kuba
saqamela ngalowo ulenza ixhoba. Ngelo xesha amaSirayeli aya kukholosa
ngokupheleleyo ngoNdikhoyo uThixo onguYedwa kaSirayeli.

21Amasalela endlu kaSirayeli aya kubuyela kwigorha elinguThixo wawo.

22Nangona nje ngoku amaSirayeli ebonakala eyinyambalala enjengeenkozo
zentlabathi eselunxwemeni lolwandle, kuphela yimbinana nje eya kusinda
ibuye. Kaloku phezu kwawo kulenga-lenga intshabalalo – ibe ifanele ke
phofu.

23UMhlekazi iNkosi uNdikhoyo onamandla onke uzimisele ukuwacim' igama
ehlabathi ngokomlomo wakhe.

Ama-Asiriya aza kohlwaywa

24Ngoko ke itsho iNkosi uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: “Hayi nina,
lusapho lwam lumi eZiyon, ze ningabi nadyudyu ngama-Asiriya la, noba
angade aniphakele ingcinezelo enjengaleya nayifumana kumaJiputa.

25Kaloku kukancinane nje uphele umsindo wam ngakuni, ndandule ke
ukuwavuthulula ndiwatshabalalise.

26Mna Ndikhoyo onamandla onke ndiya kuwathwaxa kwangalaa ndlela
ndawabetha ngayo amaMidiyan kwiliwa laseOrebhe. Isohlwayo sam kuma-
Asiriya yoba kwaseso ndawabetha ngaso namaJiputa.

© 1996 Bible Society of South Africa.

27Ngaloo mini luya kuxibilika uxanduva olusemagxeni enu, le dyokhwe niyinikwe ngama-Asiriya itsho ivikiveke, kuba kaloku nikhule nada nomelela.”

Izwe lifile!

28Izwe lifile, ziyanqoza eAyi; ewe, nâlo lugqitha ngeMigron, kanti imiphako luyishiye eMikmas.

29Kubi, nantso iqabel' enkalweni, ngobusuku yanqumama eGebha phaya. Abemi baseRama batsho bankwantya, iGibheya yakuloSawule ke yona nantso igil' izicithi isaba!

30Yitsho ngentsholo, wena Galim; ke wena, Layisha, phulaphula; uphendule ke nawe, Anatoti.

31Kaloku abemi baseMadema bayasaba; bona abaseGebhim bayazisindisa.

32Namhlanje nâlo luphuml' eNobhi; ewe, nalo lutyityimbis' umnwe, lukhomba intaba iZiyon eJerusalem.

33UMhlekazi uNdikhoyo onamandla onke wosuka ke abathi fohlo-fohlo ngathi ucwaba amasebe omthi. Izikhulu ndawonye nezikhakhamela nazo zovikivwa ziwe bhaxa.

34Uya kuzigeca ngezembe uSomandla, abe ngathi utshitshisa ihlathi, loo mihalambela yemithi yaseLebhanon.

UIsaya 11

Umbuso ozolileyo

1Kwisiphunzi sikaJese kuya kuntshula ihlumelo; kumnombo wakhe kosuka kuthi thaphu isebe. Elo sebe ke lothwala iziqhamo.

2UMoya kaNdikhoyo uya kubutha kuye, amambathise ngobulumko nokuqonda, atsho abe ligorha elimacebo, abe nokumazi amhlonele uNdikhoyo.

3Uya kukulangazelela ukuthobela uNdikhoyo; umfo ongagwebi ngembonakalo, umfo ongenguye uthoba-sikutyele.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Uya kuyilungelelanisa imicimbi yabahlelelekileyo; abazelelele abaxakekileyo kulo mhlaba. Uya kuthetha ngezwi, lohlwaywe eli lizwe, afuthe batsho bagileke abakhohlakeleyo.

5Yena uya kubhinqa ngobulungisa, aze azithandele ngokunyaniseka.

6Itakane legusha lobutha ndawonye nengcuka, itakane lebhokhwe liphumle kunye nehlosi. Amathole eenkomo naweengonyama aya kuvana; ewe, wona aya kwaluswa nangumntwana.

7Edlelweni kodibana imaz' enkomo neyebhere, aze amathole azo ahlalisane ngoxolo, njengenkomo ingonyama nayo itye ingca.

8Nosana lodlala emngxunyeni wephimpi, umntwana ufike exhokonxa irhamba.

9EZiyon, intaba ekhethekileyo, akusayi kubakho owonayo notshabalalisayo; njengolwandle lwambathiswe ngamanzi, ehlabathini uNdikhoyo uya kwaziwa jikelele.

Ukubuya kwabathinjiweyo

10Ke kaloku ngaloo mihla lowo ungumnombo kaJese uya kuba yimbasa yezizwe. Zona ziya kuqokelelana kuye komkhulu, lize ibhotwe lakhe libe nendili.

11Ngelo thuba ke iNkosi iya kuphinda iligqogqe xa lilonke, ifuna amasalela abantu bayo, khon' ukuze iwabuyisele ekhaya. Iya kuwathatha eAsiriya, eJiputa nasePatros, eKushe, e-Elam naseShinare, eHamati nakumazwe aselunxwemeni, ide ithi xhaxhe ngeziqithi.

12Ewe, izizwe iya kuzihlabela umkhosi, ize iziqokelele iimbacu zikaSirayeli, ibahlanganise abo baziintsali bakwaJuda, ibakhulule kumagumb' omane ehlabathi.

13Losuka liphele tu ikhwele likaSirayeli, abo balwa noJuda banqanyulwe. USirayeli akasayi kuba sammonela uJuda, noJuda akasayi kuba samdlakathisa uSirayeli,

© 1996 Bible Society of South Africa.

14koko bosuka bahlanganisane barhawule entshonalanga kwezo nduli zamaFilistiya, empumalanga baxhaphaze amaxhoba bekunye. Baya kuhlasela amaEdom namaMowabhi; ke wona ama-Amon oba sesandleni sabo.

15 UNdikhoyo uya kubetha kome khonkqo phaya kwinyoba yoLwandle oluBomvu; ngaloo moyakazi unolophu kunene uya kuwuphekuza utshe umEfrati, utsho usale uziintlanjana ezisixhenxe, wonke ubani abe nokuqakatha awele.

16Nanko uhola wendlela ephuma kwelaseAsiriya khon' ukuze amasalela abuye ngaye; ewe, kaloku, koba njengamhla-mnene, mhla uSirayeli waphum' eJiputa.

UIsaya 12

Ingoma yokubulela

1Ngaloo mini ke niya kudanduluka nisithi: “Ewe, ndiyakubulela, Ndikhoyo, kuba nakuba ubundiqumbele suka wetha umsindo wakho, wajika wena wandithuthuzela.

2Ngenene uThixo ngumsindisi wam; ndokholosa ngaye ndingenadyudyu. NgoNdikhoyo ndomelele ndide ndimemelele, kuba kaloku nguye ondihlangulayo.

3Njengalowo ukha amanzi emthonjeni lukwanjalo ke novuyo wakuba uluxhamla usindiso lwakhe.”

4Ewe, ngaloo mini niya kusuka nithi: “Masidomboze sibulele uNdikhoyo; ewe, masiqambe sinqule igama lakhe. Imisebenzi yakhe masiyibhengeze ezizweni; masishumayele sibuxele ubukhulu bakhe.

5Masintyiloze sidumise uNdikhoyo, kuba wenze imisebenzi emikhulukazi; olu daba malufikelele ehlabathini jikelele.

6Nditsho kuni, bemi baseZiyon, ndithi memezani nimemelele ngemihlali, kuba yena umi phakathi kwenu; ewe, yingangalala uYedwa kaSirayeli.”

UIsaya 13

© 1996 Bible Society of South Africa.

Ukohlwaywa kweBhabheli

1Mayela neBhabheli nalu udaba olundilisekileyo awalutyhilelwayo uIsaya
unyana ka-Amozi:

2Misani intshinga kwinduli ebharhileyo, nidanduluke nihlab' umkhosi,
niwubize niwukhwebe umkhosi, nize kungena emasangweni ezikhulu.

3Mna Ndikhoyo ndiwagunyazisile onke amafa-nankosi; ndithe makeze
amagorha am, abo bavuyisana noloyiso lwam, khon' ukuze bathulule
umsindo wam.

4Yaz'ba ngawani na loo mayeyeye avakalayo? Ezintabeni phaya ngathi
lugxudululu oluxokozelayo. Ewe, izirhulumente ziyaphithizela; nâzo izizwe
zona ziqokelelana. Ke yena uNdikhoyo uSomandla-onke selehlab' umkhosi.

5Nantso imikhosi ivela kwelikude, iphuma eziphelweni zehlabathi. UNdikhoy'
uyaxhakazela zizixhobo; uza kulivuthulula lonke ilizwe.

6Hlahlamba ke, utsho ngesikrakra. Kaloku imini kaNdikhoyo isemnyango!
Yogaleleka ipheth' intshabalalo evela kuSomandla.

7Ke zona izandla zitsho zanomkhinkqi. wonk' umntu wangenwa yintaka.

8Bonke ke bosuka bee nkamalala; bosuka babhinyalaze bezibhija-bhija;
bopena-pena ngathi ngumfazi olunywayo. Baya kukrwaqulana bethe
khumnqa; ewe, boba sebenyoshoza ziintloni.

9Ngenene imini kaNdikhoyo ifikile; yona yimin' enzima yengqumbo, elo lizwe
loxusheka litsho libe yinkangala; bonke abakhohlakeleyo kulo
batshatyalaliswe.

10Esibhakabhakeni iinkwenkwezi namaqela azo zosuka zifiphale zingabi
nakukhanya. Ke lona ilanga lophuma lizilile, nenyanga ngokwayo iya
kugungxa.

11Ihlabathi ndilizisela isithwakumbe, ndibohlwaye abantu ngenxa yezono
zabo, ndilinqamle ikratshi labazikhukhumalisayo, ziwe bhaxa izibhoja
eziqholosayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

12Amadoda oba njengegolide ukunqaba; ewe, abantu bonqaba kunegolide
yaseOfire.

13Amazulu ndiya kuwangcangcazelisa, umhlaba utsho unyikime endaweni
yawo ngomhla wengqumbo kaNdikhoyo uSomandla-onke, ngemin' enzima
yomsindo ovuthayo.

14Baya kufana nenxala elizingelwayo neegusha ezibhadula ziding' ozalusayo.
Elowo uya kubhenela kumawabo, umntu ngamnye asabele kwelakowabo.

15Lowo ufunyenweyo uya kuhlatyaniselwa; bonke ababanjiweyo baya
kubulawa.

16Iintsana zabo ziya kuntlekezwa, abazali bebukele ngawabo amehlo. Imizi
yabo iya kuphangwa, nakubafazi ke kube yiloo nto.

17Ndiza kubaxhokonxela amaMedi; wona akakhathalele nasiliva, engenaxesha
layo negolide.

18Okwakungabafana aya kubageqa ngeentolo; wona akanalusini
nasezintsaneni; ewe, akavakalelwa nasebantwaneni.

19IBhabheli yinzwakazi phakathi kwezikumkani, iligugu neqhayiya
lamaKaledi, kodwa yobhukuqwa ifane neSodom neGomora mhla wazihlasela
uThixo.

20Yona soze iphinde imiwe mntu. Yoba zizizukulwana ingahlalwa mntu,
kungekho nam-Arabhu womisa ntente kuyo; nabelusi soze babe salusela
khona.

21Iya kuba likhaya lamarhamncwa; badakase khona noodyakalashe; iya
kusala ilikhaya lezihulu-hulu, nemigewu yeebhokhwe iqakathe khona.

22Ezingxandeni yoba sisijwili samaxhwili, nodyakalashe atsho
ngomkhulungwane kuloo mapomakazi. Ewe, ngoku ixesha layo lisemnyango,
nemihla yayo isongekile.

UIsaya 14

Ukubuya ekuthinjweni

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Ke uNdikhoyo woba nemfobe ngoYakobi, abuye azichongele uSirayeli. Uya
kumbuyisela kumhlaba wakhe, neentlanga ke zosuka zithontelane khona,
zizibandakanye nendlu kaYakobi.

2Izizwe ziya kuwagodusa amaSirayeli, ziwabuyisele kwilizwe awalinikwa
nguNdikhoyo; zona zoba zizicaka zamaSirayeli. Abathimbi bamaSirayeli
bojika babe ngabathinjwa bawo, wona amaSirayeli alawule abo babefudula
bewacinezela.

Ukuwa kokumkani waseBhabheli

3Mhla uNdikhoyo wanipha umtyhi kwintlungu nehambo-nzima,
nakumzabalazo wokusebenza nzima,

4niya kuhlabela elempoxo ngokumkani waseBhabheli, nithi: Yaz'ba utshitshe
njani na lo mcinezeli! Ewe, akukho nkang' idubul' ingethi.

5UNdikhoyo uyivikivile intonga yezikhohlakali; yena uwaphule umsimbithi
wezilawuli.

6Nditsho lo ubuntlekez' abantu ngolunyakazi, obusitsho ngezithong'
ezingaphelele ndawo, obutyakaty' izizwe ngengcwangu nengqumbo, owatsho
ngentshutshiso engenabuyambo.

7Ngok' ihlabathi lixhaml' ikhefu ngenzolo, suka ladanduluka ngeengoma
nezibongo.

8Kuvuya nditsho nemithi eLebhanon phaya; ewe, imipayini nemisedare
iyakugcolodela. Ithi: “Tshotsh' uwe, kumkanindini,” kuba kaloku nomgawuli
utsho wasweleka.

9Ewe, nelabafileyo litsho lazama-zama, lilungiselela ukuhlangabeza wena.
Noomoya babangasekhoyo baza kukukhahlela, nditsho abo babefudula
beziikumkani zezizwe kungokunje nabo bayavusw' ezililini.

10Bonke bobhekisa kuwe, bathi: “Ingaba nguwe na lo selelutywantsi? Ingaba
nguwe na lo ofana nathi?”

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Ubunewu-newu bakho namhla bugqunyelelwe, ngokunjalo nengoma yezigingci ingcwatyiwe. Ngoku umandlalo wakho ziimpethu; kukalokunje ingubo yakho seyingamanundu.

12Khawutsho! Ukhiqwe kanjani emazulwini? Kutheni, khwezi lomso elinguBhabheli? Wen' owawufudul' ugeq' izizwe ngoku uthe khalakahla bhalakaxa!

13Kaloku wawuzithuthuzel' usithi: “Mna ndosuka ndintingel' ezulwini, ndibe ngaphaya kweenkwenkwezi zikaThixo, ndilimise khona ibhotwe lam, ndingqendeve kuloo ntaba yembizo, kwintlanganiso yezithixo, emalanda-lahla kweliphezulu.”

14Wawusithi: “Ndonyukela emajuku-jukwini, ndize ndizifanise noPhezukonke.”

15Kambe ke usuke watshon' engcwabeni, weyela enzonzobileni yomhadi.

16Abo bakubonayo ke ngoku bathe nqa! Ewe, babamb' ongezantsi, bathi: “Lo asinguye na owayedidizelis' ihlabathi, intw' ibiduma zirhwaqel' izikumkani;

17intw' eyajij' ilizwe latsho labharha, eyabhukuq' izixeko zatsho zangamabobosi, emabanjw' angazang' akhululeka?”

18Zonk' iikumkani zezizwe ziphumle ngesihomo; iyileyo ilele kwelayo ingcwaba.

19Kambe ke wena uyindingan' engenangcwaba; wena uyinto esidumbu sibukulwayo. Ngoku sewambethe ababuleweyo abagwazwe ngekrele, abaphoswe emhadini ongxondorha. Ngoku sewuyinto yokuxovulwa ngeenyawo;

20owakh' umngcwabo soz' ufane nowabo. Kaloku wena wabatshabalalisa wababhuqa; wababopha ngentamb' enye nabakho abantu. Intw' ekhohlakele nesizukulwana sayo negama layo soze libe nto!

© 1996 Bible Society of South Africa.

21Iwu-u-u! Lungiselela kugqityezelwe nenzala yakhe! Ngenxa yenkohlakalo yooyise mabangasindi, hleze bahlume, uze umvundl' uzek' indlela, hlez' eli lizwe lizale zizixeko zabo!

22UNdikhoyo uSomandla-onke uthi: “Ndoyihlasela ndiyibhukuqe iBhabheli, ndiyicim' igama tu, kungabikho hlumelo nanzala. Nditshilo nje ke mna Ndikhoyo, nditshilo.

23Ndakuyibetha itsho ibe yimigxobhozo, ibe likhaya lookhwalimanzi. Inene, ndiya kuyitshayela ngentshabalalo engathethekiyo!”

Ukutshatyalaliswa kwama-Asiriya

24 UNdikhoyo uSomandla-onke ufunge wathi: “Konke endikucwangcisileyo kuza kwenzeka; ziza kufezeka zonke iinjongo zam.

25Ndiza kuwavikiva ama-Asiriya kweli lizwe, ndiwanyhashe tu entabeni yam, idyokhwe yawo yahlukane nabantu bam, usuke umthwalo emagxeni abo.

26Ezi ke ziinjongo zam mayela nehlabathi jikelele; ingalo yam ijinga phezu kwezizwe zonke.”

27UNdikhoyo uSomandla-onke ezimisele nje ke, ngubani ongema ngaphambili? Xa eyolule ingalo yakhe, ngubani ongabuya amjike?

Intshabalalo yamaFilistiya

28Nalu udaba olundilisekileyo olwavakala nyakana wasweleka ukumkani uAhazi:

29Ke wena, Filistiya, yithi rhubaxa! Ewe, musa ukuzikhohlisa uthi: “Intonga ebendibethwa ngayo yaphukile,” kuba kwakuloo mnombo kosuka kuthi gqi irhamba; inzala yalo ke inobuhlungu kangako.

30Aya kuhlutha amahlwempu abantu bam, abahlelelekileyo bahlale bekhuselekile, ke wena ndikugengqe ngendlala, kungasali nditsho nempunde le!

© 1996 Bible Society of South Africa.

31Hlahlambani, masango; bhombolozani, nina zixeko! Ewe, tatazela urhwaqele, wena Filistiya! Kuba nanko umsi uthuquza kweliphezulu; loo mkhosi ke awunalo ityutyusi!

32Kodwa kodwa singaphendula sithini ukuthetha namakhankatha eso sizwe? Ewe, sowaphendula sithi: “UNdikhoyo uyimise wayimilisela iZiyon, ngoko ke zozimela kuyo iintsizana zakhe!”

UIsaya 15

Udaba mayela neMowabhi

1Nalu udaba olundilisekileyo olumayela neMowabhi: KwelaseMowabhi yimbubho yodwa; kaloku iAri ivuthululwe ngabusuku bunye. Kunyembelekile eMowabhi phaya; kaloku iKiri itshatyalaliswe ngabusuku bunye.

2Nango amaDibhon enyukela endaweni yawo yokunqula, esiya kuphalaza iinyembezi elila. AmaMowabhi alilela iNebho neMedibha; selede agugul' iinwele neendevu.

3Ezitalatweni ahamba enxibe ezokuzila; phakathi kwabantu nasemakhaya sisijwili.

4AmaHeshbhon namaElale ayabhomboloza; isikhalo sawo sivakala naseYahaza. Kubi, namajoni ngokwawo ayakhalaza; kaloku nawo ngoku angenwa yingevane.

5Ke mna ke ndikhalela iMowabhi, kuba abantu bayo babhacel' eZoware, basabele e-Egelati-sheleshiya. Nâbo bekhwina benyuka iLuti; benz' isimbonon' ukusing' eHoronayim, benesingqala ngenxa yentshabalalo.

6Intlanjana yeNimrim yona yome khonkqo, notyani ecaleni kwayo apho butshazile; ewe, akusekho hlaza, kome khwahla.

7Ubuntwana-ntwana ababuqwebileyo nâbo bexhakazela bebuphethe, besiya kuwela loo ngxingwa yemipampiri.

8Yintlokoma yesikhalo eMowabhi jikelele. Eso sililo sivakala nase-Eglayim; eso sijwili sifikelela naseBhere-elim.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Emlanjeni kwisixeko saseDibhon namanzi ngokwawo abomvu ligazi. Kanti
ke mna Thixo ndisaza kwenza izinto zamehlo: kuza kujub' ugodo kwaseleyo
amaMowabhi!

UIsaya 16

Ukukekela kwemeko yamaMowabhi

1Nango amaMowabhi entlango kwisixeko iSela; ngoku athumela umrhumo:
amatakane eegusha kwiziphathamandla eJerusalem.

2AmaMowabhikazi ayazula-zula; axel' intaka egxothwe endlwaneni yayo.
Nango ephithizela kumazibuko eAnon.

3“Izwe lifile, yizani kusophula! Sicela uncedo, khanisikhusele! Yibani
njengomthunzi mhla ligqatsileyo. Besingoobani kakade siziimbacu nje! Hayi
bo, sincedeni ningasingcothozi!

4Iimbacu zaseMowabhi maziphambukele kuni; sikhuseleni kulo
mtshabalalisi.” Le ngcinezelo iza kubuya yethe, nale ntshabalalo iza kuphela,
nomphembi-dushe aphel' emehlweni.

5Ngelo thuba ke kosekwa ubukumkani, bumiselwe ngothando olunezibele.
Esihlalweni kongqendeva onyanisekileyo. Lowo ke woba ngowendlu
kaDavide. Yena ke uya kulawula ngobulungisa, alangazelele ulungelelwano
nocwangco.

6Sivile ngokuzikhukumalisa kwamaMowabhi, elingako lona ikratshi
nendelelo; ewe, angade abe ucikekile likratshi, kodwa ke, akulele nto apho.

7Myeke ke uMowabhi abhomboloze. Mabamthelele uMowabhi nabo balile;
mabenze isililo nesijwili xa bekhumbula amaqebengwane aseKir-hareshete.

8Amasimi aseHeshbhon ayadodobala, nezidiliya zaseSibhema zitshabalele.
Amakhosi ezizwe azixangxathile izidiliya zodidi, zona fudula zifikelela
eYazere, zenjenjeya zithi xhaxhe ngentlango, amasebe azo ethe gaa
ngolwandle.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Ngoko ke ndilila kunye neYazere; ndiyakhala ngezidiliya zaseSibhema;
ndiyinyhididi, Heshbhon nawe Eliyali. Ewe kaloku, isivuno asibonwa,
imivuyo nemincili iyalambatha.

10Amasimi akezi namihlali nalonwabo; ezidiliyeni ayisekho ingoma
nemiyeyezelo. Ezixovulelweni akusekho baxovuli; imiyiyizelo yabavuni
iphelile.

11Ngoko ke ndinesimbonono ngenxa yeMowabhi; ngenene ndihlahlamba
njengesigingci, ngenxa yeKir-hareshete ndibindekile.

12AmaMowabhi aziduba nje ngokunyuka intaba esiya kunqula; yonke loo nto
yinkcitha-xesha.

13Olu ludaba awaluthetha kwamandulo uNdikhoyo ngokubhekiselele
kwiMowabhi.

14Kambe ke ngoku uNdikhoyo uthi: “Kwiminyaka emithathu yokunyamezela
ubutyebi beMowabhi buya kuphel' emehlweni. Obu bunewu-newu naloo
nyambalala yabantu konke kuya kutshabha, naloo mingqandanda isindileyo
yoba ngamabhetye-bhetye.”

UIsaya 17

Udaba mayela neDamasko noSirayeli

1Nalu udaba olundilisekileyo olumayela neDamasko: “Ke yona iDamasko
ayisayi kuba sisixeko, yosuka ibe ziingqumba zamabhodlo.

2Izixeko zaseArohere zosala zize; kuphela zosala zilidlelo lempahla, futhi
kungekho namntu uyiphazamisayo.

3KwaSirayeli zophela izixeko ezinqatyisiweyo, ke bona ubukumkani
baseDamasko ngokunjalo namasalela aseSiriya oba yinto yezolo, ngathi
ludumo lwamaSirayeli,” utsho uNdikhoyo uSomandla-onke.

4“Ngaloo mihla ubungangamsha bukaYakobi buya kuphutha, ukutyeba
kwakhe kutsho kutsame.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5USirayeli woba ngathi yintsimi engqolowa isikwayo; kwaSirayeli kuya
kubharha kube sedizeni – wofana namasimi entili yaseRefayim.

6Kambe aya kuba khona amasalela. Kuya kuba ngathi ngumnquma
obhululweyo kwasala mabini mathathu phezulu, mhlawumbi isine nesihlanu
kwahlanzayo," utsho uNdikhoyo uThixo kaSirayeli.

7Ngaloo mihla ke abantu baya kubhenela kuMdali wabo, bakhangele kulowo
unguYedwa kaSirayeli.

8Abayi kuba saqamela ngamaqonga lawo bawakhe ngezandla zabo, bengayi
kuba sathembela kowabo umsebenzi – imiqondiso yesithixokazi uAshera
kunye namaqonga okuqhumisa.

9Ngelo thuba izixeko ezikhuselweyo ziya kusala zize, zingamabhodlo akhula
imithi namatyholo, ngokungathi zizixeko ezahlaselwa ngamaSirayeli.

10Kaloku, wena Sirayeli, umfulathele uThixo, yena odla ngokukuhlangula;
umlibele uThixo ongumqolomba wakho; usuke watyala imiyezo eyodwa,
khon' ukuze unqule thixo bambi.

11Kanti noba ingantshula idubule kwangaloo ntsasa ubuyityala ngayo, liya
kubhek' umoya ngasesivunweni – kuphela yoba yinkxwaleko nezifo
ezingaphele ndawo.

Ukoyiswa kwezizwe

12Ke zona izizwe ziyabhabhama, zitsho ngogqumo ngathi kukuyaluzela
kolwandle; ewe, uluntu luyaxokozela okwamanz' olwandle.

13Izizwe zingade zibe ziyabhonga, zityhuluba okwamanz' olwandle, yena
ukhalima kanye, zitsho zisabe; ziphephetheka ngathi luthuli endulini, ngathi
yinkunkum' ibalek' isaqhwithi.

14Ngorhatya bahlasela kutsho kunyembeleke, kanti kusasa abaziwa
nomkhondo. Banjalo ke abo basixhaphazayo; eso sisabelo sâbo
bazithathelayo.

UIsaya 18

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Ukohlwaywa kweKushe

1Kunyembelekile ke kwilizwe lesandi samaphiko emazants' emilambo eKushe.

2Likhuph' izigidimi ngezikhitshana ezakhiwe ngeengcongolo, zidad' emlanjeni. Tsheluzani, zigidim' ezikhawulezayo; luthathen' udaba nigoduke nalo, luye kwilizwe eliphanjwe yimilambo, kwisizwe esingwanzilili esinamandla, amafaf' alusu lumpuluswa, izintw' ezoyikwa lilizwe jikelele.

3Bekan' iindlebe, bemi behlabathi! Jongani, nikhangel' imbasa ilenga-lenga phezu kweencopho zeentaba; phulaphulan' isandi sesigodlo.

4Kalok' uNdikhoy' undixelele wathi: “Ndiya kuthi zole cwaka, ndijonge; ndoqwalasela ndisekhayeni lam ezulwini, ndizole ngathi kukuwa kombethe ebusuku, cwaka ngathi lilanga ligqats' ubhobhoyi.”

5Iidiliya ziya kudubula zifeze, kodwa zithi ke zona zingekavunwa – ewe, kanye xa ziya ekuvuthweni – lusuke luthi vumbululu utshaba, luwahlabanisele luwageqe amaKushe, lula nje, ngathi kunqunyulw' amaseb' omdiliya.

6Izidumbu ke zosala zithe gangalala, zibe zizisulu zeentaka namaxhalanga. Ewe, ziya kuba lixhoba lamarhamncwa, iintaka zizenzele ehlotyeni – asisathethi ke ngamarhamncwa ebusika.

7Ixesha liyeza apho uNdikhoyo uSomandla-onke aya kunikwa aphiwe imirhumo ngabo balizwe liphanjwe yimilambo, iingwanyalala zesizwe esimandla, amafaf' alusu lumpuluswa, izintw' ezoyikwa lilizwe jikelele. Ewe, baya kuza kwintaba iZiyon, apho anqulwa khona uNdikhoyo uSomandla-onke.

UIsaya 19

Ukohlwaywa kweJiputa

1Nalu udaba olundilisekileyo olumalunga neJiputa: Nank' uNdikhoyo esiza eJiputa; uza etshebeleza ngelifukazi. Oothixo abanqulwa apho batsho bankwantya, namaJiputa ngokwawo atsho anengevane.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2UNdikhoyo ke uthethe wathi: “Ndiza kuxhokonxa umJiputa avukele umJiputa; elowo nalowo uza kuvukelana nomntakwabo, ummelwane avukelane nommelwane. Ngokunjalo isixeko sovukelana nesixeko; ewe, uburhulumente bovukelana noburhulumente.

3AmaJiputa aza kudideka atyhafe; amacebo awo osuka aphunze. Aya kunkinkq' uncedo koothixo abaqingqiweyo; osuka abhenele kwabo bafileyo; obhenela kwabaneshologu nabambululayo.

4AmaJiputa ndowanikela aphathwe gadalala: oba sezandleni zorhulumente okhohlakeleyo; aya kulawulwa ngukumkani osisikhohlakali.” Utsho ke uNdikhoyo uSomandla-onke.

5Umlambo iNayile uya kutsha khonkqo, amanzi awo aphele kuthi tu!

6Asivumba eliya kubakho kwimijelo yawo! Iintlambo zeNayile zowutha zitshe; iingcongolo nemikhanzi ziya kutshaza.

7Ngasemlanjeni apho utyani bosuka buyobe; namasimi apho kuloo ntilindini osuka atshaze, avuthuluke aphele.

8Sovakala isikhalo nencwina yabalobi. Baya kukhala abaphosa umnatha emanzini; amaqhogi abalobi aya kubuya ze.

9Abasebenzisa umqhaphu baya kutyhafa, nabo basontayo bophelelwa ngamandla.

10Ewe, kuya kuba nzima kubenzi belaphu, ibe lusizi lodwa kubaqeshwa.

11Amaphakathi aseZowan wona zizityhakala; loo matshawe alumkileyo ayalahlekisa! Ngani ukuba ade athi kukumkani: “Thina siziingcaphephe zeengqondi, amahlakani ezikumkani zamandulo”?

12Phendula, kumkanindini waseJiputa: Aphi loo maphakathi akho aziingqondi? Ngani ke ukuba angakucebisi akuxelele oko kuza kuhlela iJiputa? Nditsho isicwangciso sikaNdikhoyo uSomandla-onke.

13Hayi bo! Amaphakathi aseZowan ziziyatha, iinkokheli zaseMemfisi zididekile; amathenjwa aseJiputa ngabalahlekisi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14UNdikhoyo ubayekele ngomoya wolahlekiso. Kungokunje iJiputa iyaphithizela, ityibilika emhlanzweni njengenxila.

15Kulo lonke ke elaseJiputa, kwizityebi ngokunjalo nakumahlwempu, abo baziwayo nabangazelwe nto, akukho namnye ungalivezayo icebo.

IJiputa iya kunqula uNdikhoyo

16Ngaloo mihla ke amaJiputa aya kuba ngamatyutyusi amagwala. Aya kuphakuzela oyike akuqonda ukuba isandla sikaNdikhoyo uSomandla-onke sijinga phezu kwawo.

17AmaJiputa aya kurhwaqeliswa nakukukhankanywa oku kukaJuda; kuwo kosuka kuthi qatha isicwangciso sikaNdikhoyo uSomandla-onke.

18Ngelo xesha ke kwisihlanu sezixeko zaseJiputa kobe kuthethwa ulwimi lwabemi baseKanana. Futhi xa bathethayo baya kufunga uNdikhoyo uSomandla-onke. Esinye sezixeko zakhona kothiwa sisiXeko seNtshabalalo.

19Ngelo thuba ke eJiputa kuya kubakho iqonga likaNdikhoyo, kananjalo kubekho nentsika yelitye enikezelwe kuye phaya emdeni weJiputa.

20Ezo zinto ke ziya kuba yimiqondiso yobukho bukaNdikhoyo uSomandla-onke apho eJiputa. Bothi ke abantu bakhona, xa bephantsi kwengcinezelo baze bakhale kuNdikhoyo, yena abathumele umhlanguli nomkhuseli wokubasindisa.

21UNdikhoyo uya kuzityhila kumaJiputa, atsho amazi. Aya kumnqula ngamadini atshiswayo nangawokutya. Amadinga amenzele wona aya kuwafezekisa.

22UNdikhoyo uya kuwohlwaya ngezibetho amaJiputa, kambe ke wobuya aphozise. Aya kuthi akubhenela kuye amaJiputa, uNdikhoyo asabele awanyange.

23Ke kaloku kuya kubakho uhola wendlela esuka eJiputa iye kungena eAsiriya. Aye ke ama-Asiriya namaJiputa aya kuhambelana, futhi anqule kunye.

© 1996 Bible Society of South Africa.

24Ke ngelo thuba yena uSirayeli uya kuba kumgangatho omnye neJiputa
neAsiriya, zizozithathu ezi zizwe zibe yintsikelelo ehlabathini.

25Kaloku uNdikhoyo uSomandla-onke uya kuzithamsanqela, athi:
“Nithamsanqelekile, bantu bam maJiputa! Nani msebenzi wezandla zam, ma-
Asiriya, ndiyanithamsanqela! Nditsho nakuni, lifa lam elingamaSirayeli,
ndithi nisikelelekile!”

UIsaya 20

Umqondiso ngomshumayeli ohamba ze

1Ingqwayi-ngqwayi yomkhosi waseAsiriya yagunyaziswa nguSargon
ukumkani wakhona, yaza yahlasela isixeko samaFilistiya iAshdode,
yasithimba.

2Ngelo xesha uNdikhoyo wayalela uIsaya unyana ka-Amozi, wathi: “Zikhulule
iimpahla ozinxibileyo zokuzila, ndawonye neembadada zakho.” Ngokwenene
ke wawuthobela loo myalelo, waza wahamba ze.

3Waza ke uNdikhoyo wathi: “Kakade isicaka sam uIsaya besisoloko sijikeleza
sizé, singenazo nambadada, yonke le minyaka mithathu. Lowo ke
ngumqondiso wento eya kwehlela iJiputa neKushe.

4Ukumkani waseAsiriya uya kubanxula bezé abathinjwa ababambe kwezo
zizwe zozibini. Ewe, abadala nabanci baya kubhadaza ngeenyawo, bambethe
ingubo yesele – nto leyo iya kuzisela iJiputa ishwangusha.

5Abo bathembele ngeKushe nabo baqhayisa ngeJiputa baya kuphoxeka
badideke.

6Ngelo thuba ke abemi bommandla wonxweme lwaseFilistiya baya kuthi:
‘Niyayibona ke into eyehlele aba bantu besithembe ukukhuselwa ngabo
kukumkani waseAsiriya! Kodwa kodwa siya kusinda njani?’ ”

UIsaya 21

Ukuwa kweBhabheli

© 1996 Bible Society of South Africa.

1Nalu udaba olundilisekileyo olumayela neBhabheli, intlango engasemlanjeni:
Njengesaqhwithi sivuthuza entlango uya kwenjenjalo xa ezayo umhlaseli: uya
kuza ephuma ezweni eloyikekayo.

2Ndiwalamile umbono wezehlo zenkohlakalo: ungcothoza nomxhaphazi
bayazenzela. Phakathi, maElam; hlaselani! Nani, maMedi, zirhawuleni
izixeko! Ngoku uThixo uya kuphelisa ukungcungcutheka; nditsho ingcinezelo
eze neBhabheli.

3Ke ngoko nditsho ndahlasimla; nditsho ndapena-pena ziintlungu, ndangathi
ngumfazi kunkqonkqoza inimba. Izintw' endizivayo ziyandikhamnqisa;
Kambe ke endikuvileyo ndiyanazisa, izintw' endizibonayo ziyandimangalisa.

4Ewe, ingqondo yam imile; suke ndangenwa bubuphaku-phaku; kukade
ndilangazelela urhatya, nalu ke lunditsho ndangcangcazela.

5Naso ke isidlo sesilungile; kungokunje sebesophula. Phantsi sebandlele
iingubo; ewe, kuyatyiwa kuyaselwa. Hayi bo, phakamani, matshawe; kubi,
thambisan' amakhaka.

6INkosi indiyalele yenjenje: “Hamba umisele intlola; yona maze ikuthethe
ekubonileyo.

7Yakubona iinqwelo zamahashe, mhlawumbi abaqabele iidonki noba
ziinkamela, maze ibaqwalasele ngononophelo.”

8Ke idindala lidanduluke lathi: “Imini nobusuku, mnumzana, ndimile, ndithe
bhuxe emboniselweni.

9Ngephanyazo nje gqi inqwelo itsalwa ngamahashe. Umqhubi udanduluka
esithi: ‘Hi-i-i! Yaw' iBhabheli! Imifanekiso yezithixo zakhona nantso
ibubusaza emhlabeni.’ ”

10Nina ke, maSirayeli, mawethu, senifana nengqolowa exushwe ziinyawo
esandeni. Kambe ke endikuvileyo ndiyanazisa, ndibhengeza endikuxelelwe
nguNdikhoyo uSomandla-onke, nditsho uThixo kaSirayeli.

Mayela ne-Edom

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Nalu udaba olundilisekileyo olumayela neDuma: Kukho obiza eSeyire:
“Khawutsho, mlindi, buntangani obu busuku? Khawundixelele, kuxesha liphi
ebusuku?”

12Umlindi uphendula athi: “Sekumbovu kuse, kodwa ubusuku buyeza
kwakhona. Xa usenomkro ungabuza; ewe, uze ubuye ubuze kwakhona.”

Mayela nelama-Arabhu

13Nalu udaba olundilisekileyo olumayela nelama-Arabhu: Nina barhwebi
baseDedan abaxhwarhe kumahlathi elama-Arabhu,

14abo banxaniweyo baphen' amanzi; nina bantundini baseTema, ziphen'
ukutya iimbacu.

15Kaloku zizisindisa kuloo mikhonto, leyo seyirholwe yada yajoliswa,
ngokunjalo nezo ntolo zingxashiweyo, ewe, zipheph' ifuthe lemfazwe.

16INkosi ke ithethe nam yenjenje: “Kwisithuba sonyaka ninyamezele
ubukhulu nodumo lweentlanga zamaKedare luya kunqamka.

17“Kwezo ncushe zamaKedare adubula ngeentolo kuya kusala
iingqandandana nje. Ewe, kuya kuba njalo, kuba nditshilo mna Ndikhoyo
Thixo wamaSirayeli.”

UIsaya 22

Udaba olungeJerusalem

1Nalu udaba olundilisekileyo olumayela neJerusalem, iNtili yeMibono:
Khanitsho! Kwenzeka ntoni kanye? Ngani niphezu kwezindlu nje?

2Kutheni kuyimikhwazo nje esixekweni? Uthetha ntoni lo mbhiyozo wenu?
Sesani isiphithi-phithi nengxokozelo? Ewe, amagorha enu ahambile, kambe
ke akafelanga dabini.

3Kaloku iindwalutho zenu zasik' umoya; ngenene zibaleke zingakhange
zaxhathalaza. Nithinjwe ningalekuzanga noku kukanye; suka nafulathela
ningenawo nomkrwelo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Yiyo loo nto ndisuke ndathi: “Bhekelani phaya; mkani kum! Ndiyekeni nditshw' esikrakra ngenxa yabam abahambileyo. Sukani kum; kahleni ngentuthuzelo!”

5Liyeza ithuba leNkosi uNdikhoyo onamandla onke, ithuba lokuphakuzela nokujokwa; umhla wesiphithi-phithi. Kuya kuba njalo ke kwiNtili yeMibono. Suka yangugiqe-giqe esixekweni, iindonga zenz' ubutyobo, gcimfi-gcimfi! Zatsho kwahlahlamba izikhalo zabazibikayo; ewe, neentaba zivile zatsho zaphendula!

6Atsho abophelela amafa-nankosi ase-Elam, eza selegqabadula ephalisa; ingezontolo, ef' amacala zizixhobo! Kaloku namaKiri awabambil' amakhaka; ewe, selechophile elindel' uphakathi.

7Ke yona loo ntili entle kunene kaJuda, kanye le yendyebo, ibizama-zama, kungeyonqwelo, kuyinto nje! Amajoni amahashe selengxangile ethe xhonkxosholo kumasango eJerusalem.

8Suka ke yangufohle-fohle novithe-vithe; kaloku amaxhadi kaJuda afadalele! Kuthe ke kwakuba nje suka nina naya kulanda izixhobo phaya eBhete-yahare.

9Nasibona isixeko sikaDavide, nâso siphanjwe ziintanda. Nagcina amanzi kwiqula elingezantsi,

10nazijonga izakhiwo zaseJerusalem, suka nazichitha ezinye zazo ukuze nilungise ngazo udonga lwesixeko.

11Apha ngaphakathi esixekweni nakha iqula elinguvimba, nisenzela ukulondoloza amanzi lawo aphuma kweliya lidala. Kambe ke kuyo yonke loo nto tu ukuziduba ngalowo ungumcwangcisi – animkhathalelanga lowo wayisekayo kwamandulo.

12Ngelo thuba iNkosi uNdikhoyo onamandla onke uthe efuna nihlahlambe nitshw' esikrakra, xa ebesithi niza kugugula nitsho ngezokuzila.

© 1996 Bible Society of South Africa.

13Suka nina naguya nabhiyoza, naxhela zigusha zinkomo kwanjeya; natya nenyama, nalebela ngotywala, nisithi: “Masonwabe sitye sisele; ikakade siyafa ngomso!”

14UNdikhoyo uSomandla-onke uthethe nam wathi: “Ngenene obu bubi abuyi kuxolelwa.” Ewe, ufunge wathi kode kufiwe kunjalo. Utshilo ke uMhlekazi uNdikhoyo uSomandla-onke!

Isilumkiso kuShebhena

15Ke iNkosi uNdikhoyo uSomandla-onke yandiyalela ukuba ndiye kuShebhena, usomaqhuzu wakomkhulu, ndifike ndithi kuye:

16“Uyintoni apha? Khona ulithatha phi ilungelo lokuzikrolela ingcwaba kule nduli inezawana?

17Ingade ibe ngathi usisikhulu, kodwa yena uNdikhoyo uya kusuka akuthi hlasi, akulahle kude.

18Ewe, uya kukuthatha ube ngathi uyibhola, akutshukutshele kwilizwekazi elikhulu. Uya kufela ngakwezi nqwelo uzidla ngazo, ntondini ihlazisa umzi wenkosi yayo!

19UNdikhoyo uza kukukhiqa kwesi sihlalo ukuso, utsho uwe bhaxa.”

20INkosi yaqhuba yathi: “Kuya kuthi ke kwakuba kunjalo, ndibize isicaka sam uEliyakim unyana kaHilekiya.

21Ndiya kuwunika yena umnweba osisivatho sakho, ndawonye nebhanti obhinqa ngayo, nawo onke amagunya onawo. Ke yena uya kuba nguyise kubantu baseJerusalem nabakwaJuda.

22Yena ndiya kumnika lonke ulawulo kumzi kaDavide. Ngenene uya kuba ngunozitshixwana, abe yinqwayi-ngqwayi evula kungavali mntu, into evala kungabikho mntu unokuvula.

23Ndiya kummisela ndimbethelele njengesikhonkwane esiqinileyo, abe ngumthombo wesidima kumawabo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

24Kambe ke izizalwane zakhe ziya kuba luxanduva lwakhe. Amawabo aya
kumbhubhuzelela, atsho azive esindwa.”

25Ewe, uNdikhoyo onamandla onke wathi: “Kuya kuthi kwakuba njalo
isikhonkwane ebesiqinile sitsho sixenga-xenge side siwe. Eso ke iya kuba
sisiphelo sayo yonke into ejinga kuso.” Kaloku uthethile uNdikhoyo.

UIsaya 23

Mayela neTire

1Nalu udaba olundilisekileyo olumalunga neTire: Bhombolozani, zinqanawa
zaseTashishe! Kaloku yona iTire itshabalele; okwakuzizindlu nezibuko
ngamabhodlo nje! Ewe, zisuke zavakala zona iindaba; abebevela
eKiti baxelelwa bevile.

2Yithini cwaka, nina bemi baselunxwemeni, nditsho nina barhwebi
baseSidon, nina banyuswe ngabemi bolwandle

3abadada kumanz' anzongo-nzongo, bathengi abayithengisayo ingqolowa,
nditsho leya ikhula kwelaseJiputa, eyitsho iTire yayimalike yezizwe.

4Dana unyoshoze, wena Sidon, nawe, Tire, nqaba yolwandle! Kaloku
inzonzobila yolwandle iyakhalaza, ithi: “Mna kaloku andizange ndalunywa;
ewe, mna andizange ndazala; zange ndikhulise nyana nantombi!”

5Olu daba lothi lungafika eJiputa asuke ke wona ajijitheke xa esiva
ngokutshabalala kweTire.

6Bhombolozani ngesingqala, nina bemi bonxweme; welelani kwelaseTashishe.

7Ngaba esi sesiya sixeko solonwabo iTire? Ngaba sesiya sasungulwa
ngonoquku mandulo? Siso na esathumela iintlola phesheya kolwandle ukuze
sandise isizwe?

8Kodwa kodwa ngubani umcebi wale ntlekele; ifakwe ngubani iTire kulo
mgxobhozo, yona eyayikade iphaka iimbasa? Abarhwebi bayo fudula
ingamatshawe; hay' isidima sabo ehlabathini jikelele!

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9 NguNdikhoyo uSomandla-onke oyicebileyo, khon' ukuze aliphelise ikratshi labo, lutsho ludake udumo lwabaziwayo.

10Sarhakani niwulime umhlaba njengaseJiputa, nditsho kuni, maTashishe. Kaloku akusekho zibuko eTire.

11UNdikhoyo usolule isandla sakhe sawel' ulwandle, zangcangcazel' izikumkani. Ugunyazisile mayela nelamaKanana; iinqaba zakhona ziza kudilizwa.

12UNdikhoyo wathi kwiSidon: “Liphelil' ixesha leziyolo, Sidon; ubuntombi bakho bonakele. Ningade nisabele kwelamaKiti, kodwa nalapho akukho buyambo.”

13Khangelani elamaKaledi, namhlanje alisento yanto. Ama-Asiriya alenza laphutha, latsho layintlango yezilwanyana. Suka balirhawula neemboniselo zalo, avuthulula zinqaba, alitsho langamabhodlo.

14Bhombolozani, zinqanawa zaseTashishe, inqaba elithemba lenu itshabalele!

15Yona iTire ihlalele ukungena kwelokulibala. Yoba sisixhenxe samashumi eminyaka ingasakhunjulwa, xesha elo ke libubomi bokumkani. Emva kwaloo minyaka ke iTire kuya kuculwa ngayo njengehenyukazi, kuthiwe:

16“Thath' isigingci ujikelez' isixeko, henyukazindin' eselide laphutha. Sikhalise untyiloze ngengoma kwakhona, ukuze ubuye udle ngendeb' endala.”

17Emva kwaloo minyaka ingamashumi asixhenxe uNdikhoyo iTire woyibuyisela kwaushishino lwayo lwamandulo, uhenyuzo, ize iziqeshise kuzo zonke izikumkani zehlabathi.

18Loo mali ke iyizuze kwezorhwebo iya kuyinikela kwezikaNdikhoyo. Ewe, loo mali ayiyi kugcinwa, koko iya kusetyenziswa ngâbo banqula uNdikhoyo, bathenge ukutya nezingayiwayo izinxibo.

UIsaya 24

Ihlabathi liza kohlwaywa

© 1996 Bible Society of South Africa.

1 UNdikhoyo uza kulibharhis' ihlabathi; uya kubetha kutsho kube senkangala;
uya kulitsho lenz' uqulukubhode, abemi balo bona babe ziintsali.

2Akayi kukhetha bani; kubo bonke ukufa kobe kunkongolo. Kofana
kumbingeleli nakwibandla, ibe yiloo nto kumnumzana nesicaka sakhe; kube
kwanjalo kwinkosikazi nesicakazana, kumthengi nakulowo uthengisayo; kube
yiloo nto kumboleki nakumbolekisi, kwizityebi nakwabo balambileyo.

3Ihlabathi liya kuba yinkangala exushekileyo; liya kuba ngumqwebedu
oxhwithekileyo. Etshilo nje ke uNdikhoyo utshilo.

4Nâlo ihlabathi lirhawuka, litshaza. Ewe, ihlabathi liyangcungcutheka,
liyabuna; isibhakabhaka nomhlaba ziyatshitsha.

5Uluntu luligqwalisile eli hlabathi; ngokwaphula imiyalelo kaThixo
bonakalisile. Ewe, imimiselo yakhe bayikrobozile, baza bawuxusha
ngeenyawo umnqophiso waphakade.

6Ngoko ke liqalekisiwe ihlabathi, nabemi balo ke libambethe ityala. Ewe,
uluntu nalo ke lutsho larhawuka; ngoku liqaqobana kuphela eliseleyo.

7Izidiliya nazo ke zitshazile, newayini ke itsho yanqaba; ababefudula
bonwabile bathe rhubaxa.

8Ingoma ekhatshwa yingqongqo inqamkile, imikhwazo yolonwabo nayo
iphelile, ukuhlasimlisa kwesigingci kukombela.

9Intselo-tywala ayisakhatshwa yimihlali; ngoku utywala buyakrakra
nakwiindla-manzi.

10Isixeko nâso sitsho sangumbhodamo; iminyango yezindlu ke yona ivalwe
mba.

11Ezitalatweni phaya balilela utywala; imivuyo yabo ijike yakukudakumba;
imihlali nolonwabo zimkile ehlabathini.

12Isixeko ngoku sisele singamabobosi, nesango likroboke lavuthuluka.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Kuya kuba njalo ke ehlabathini jikelele; nantso ke into eya kwenzeka
ezizweni zonke: koba ngathi lixesha lokubethwa komnquma, ngathi sisidiliya
esivunwe sakhwahlazwa.

14Abo basindileyo baya kutsholoza bantyiloze; entshona baya kuduma
bakhahlele ngenxa yobungangamsha bukaNdikhoyo; bothi: “Bayethe!”

15Nina basempuma, yitshoni ngendumasi; nani baselunxwemeni, dombozani
nibonge uNdikhoyo; ewe, mdumiseni uThixo kaSirayeli.

16Ingoma yezibongo ivakala eziphelweni zehlabathi: “Hayi, ubungangamsha
baLowo ulilungisa!” Athi ke mna – kuxa bendiyintoni na kakade! Ewe,
kunyembelekile, akukho yam kwaphela! Abangcothozi bona benza
ngokungcothoza; ngokungcatsha kwabo abangcatshi bayangcotsha.

17Yeha ke nina, bemi bahlabathi, anikho kukunkwantya imigibe
nenzonzobila!

18Nobenevuso wasaba kuba esoyika; woth' esabaleka eyele enzonzobileni.
Omnye wogwencel' aphum' emhadini, suka ke arhintyelwe zizabatha. Kaloku
amazul' ayivulele imvula, zatsho zangcangcazela iziseko zehlabathi.

19Ngenene ke ihlabathi lona livikivekile; ewe, nangoku ke liqhaqhambile,
linyikime lachachamba laboko-boko.

20Ihlabathi ke logxadazela njengenxila; lophephuka okwephempe mhla
ngomoyakazi. Ihlabathi liyasindeka zizono zalo; losuka lithi folokohlo kube
sisiphelo eso.

21Ngaloo mhlandini ke uNdikhoyo uya kohlwaya, athi ekwiinginginya
zasemazulwini ezulwini phezulu, abe ekwizikumkani zezizwe ehlabathini
phantsi.

22Zoba lugxudululu kunye ndawonye njengamabhantinti kwamnyama-ndawo
esiseleni, wona anyathelana phakath' entolongweni, de kube ziintsuku
zamkele isohlwayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

23Nyangandini ke yona yombatsha igqubuthele, nelanga life ziintloni litsho
lizile, kuba uNdikhoyo uSomandla-onke elawula, ethe zava kwintaba iZiyon
eJerusalem, ubuqaqawuli bakhe buthe tha kumadod' amakhulu.

UIsaya 25

Ingoma yokubulela

1 Ndikhoyo, wena unguThixo wam; ndosuka ndikuthuthe ndikudumise. Kuthi
mandikutyibele ndibongisele ngenxa yemisebenzi yakho ekhamnqisayo;
kaloku ngokuthembeka okukhulu wena zonke uzifezekisile – nditsho
izicwangciso zakho zamandulo.

2Isixeko wena usitsho sangamabhodlo, neso sinqatyisiweyo sitsho
sayimiwewe; amabhotwe aziinqaba kwiintlanga atsho angamanxuwa,
engasoze abuye avuswe.

3Isizwe esomeleleyo sokubabaza sikuncome, nesixeko sezikhohlakali siya
kukubusa.

4Kaloku wena uyawakhusela amahlwempu; akubalekela kuwe ayasinda
enkathazweni. Wena ungumqolomba kumaqhwa nenkqwithelo, kanti
ukwangumthunzi kwingqatsini yelanga. Kaloku izithonga zezikhohlakali
zinjengesiphango,

5ngathi yinzwinini yelanga kwelibharhileyo. Wena ukucimile ukugragrama
kotshaba, ukuthe pam ngathi ngumthunzi elangeni, ingoma yeendlavini itsho
yanqamka.

Isidlo esenziwe nguNdikhoyo

6Izizwe zonke zehlabathi uNdikhoyo uSomandla-onke wozenzela isidlo
eZiyon; sidlo eso soba zezona zimuncu-muncu, nditsho eyona inencasa
inyama nesiqhoqhololo sewayini.

7Kule ntaba wolisusa ilifu elimnyama elasoloko ligubungele izizwe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Ewe, uMhlekazi uNdikhoyo uya kukuphelisa tu ukufa, neenyembezi azisule
kubo bonke abalilayo. Nengcikivo nokuhlazeka kwabantu bakhe wokuphelisa
jikelele ehlabathini. Kaloku uthethile uNdikhoyo!

9Ngelo thuba bonke baya kuthi: “Ngenene nguThixo wethu lo! Sakholosa
ngaye wasihlangula. NguNdikhoyo lo! Ngenene sikholose ngaye, ngoko ke
ngoku masonwabe, ngoku ke masibe nemihlali, kuba yena usihlangule.”

10Amandla kaNdikhoyo obonakala kule ntaba. AmaMowabhi aya kuxovulwa
ngeenyawo oku komgquba ebuhlanti.

11Okhweba ngezandla ngathi ayadada; kambe konke kungancedi nto – uThixo
wosuka awathobe, lihle elo kratshi lawo.

12Loo mapomakazi eenqaba, loo mihalambela yeendonga, uya kuwadiliza
awe bhaxa!

UIsaya 26

Uloyiso lwabantu bakaThixo

1Ngelo thuba baya kumemelela bavume le ngoma kwelakwaJuda: Asomelele
ngako isixeko sethu! Usindiso lumiselwe lwanga ziindonga neenqaba zaso.

2Khaniwavule amasango; vulani singene isizwe samalungisa, isizwe esihamba
ngokunyaniseka.

3Ke wena ubathi jize ngenzolo abo banjongo zingajika-jikiyo, kuba behlala
bekholose ngawe.

4Kholosa ngoNdikhoyo njalo-njalo; kaloku yena uNdikhoyo ngumqolomba
ongasoz' uthini.

5Yena ngumthobi wabakhukhumeleyo, asichitha-chithe nesixeko esomeleleyo,
iindonga zidilike zibe luthuli,

6baze abacinezelwa nabo basixovule, ewe, basixangxathe ngeenyawo.

7Indlela yamalungisa ngumthebelele; wena othe ngqo uyayilungiselelanisa
indlela yawo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Naphakathi kwengqeqesho yakho, Ndikhoyo, sihlala sijonge kuwe; umnqweno neqhayiya lethu nguwe.

9Ebusuku umphefumlo wam ulangazelela wena; kusasa umoya wam uyazula ufuna wena. Xa ulohlwaya ihlabathi abemi balo bafunda ngobulungisa.

10Akuncedi nto ukwazelelela isikhohlakali; kaloku sivalekile, asibuqondi ubulungisa. Sona siyona nakwilizwe lamalungisa; asibuvumi ubungangamsha bukaNdikhoyo.

11Abachasi bakho, Ndikhoyo, abaqondi ukuba uyohlwaya; bahlazise ubayekele ngeenzima. Masibe phezu kwabo isohlwayo, ubabonise ikhwele onalo ngabantu bakho.

12Ndikhoyo, wena usithe jize ngenzolo kuyo yonke imisebenzi yethu; ewe, konke sisiqhamo sokwenza kwakho.

13Ewe, Ndikhoyo Thixo wethu, nokuba besingade silawulwe ngabanye kodwa thina sikhahlela kuwe.

14Ngoku ke bafile, kuphelil' okwabo; ewe, bona soze babuye bavuke. Kaloku wena ubavelele ngentshabalalo; usuke wabaphosa kwelokulibala.

15Usikhulisile isizwe sethu, Ndikhoyo, wayongeza okunene nemida yesizwe. Ngoko ke uzuze isihomo nesithozela.

16Beza kuwe ekuxakekeni kwabo; uthe ke wakubohlwaya, Ndikhoyo, suka bakhala bazibika kuwe.

17Ewe, usitsho sanga ngumfazi, nditsho ojutyalaziswa yinimba lakuba lifikile ixesha lakhe, nathi ke sitsho sajubalaza sapena-pena

18phambi kwakho, Ndikhoyo. Suka saphithizela ngathi siyalunywa, phofu kuthe kanti yigalimoya. Kaloku asiluhambisanga usindiso; asibandisanga abantu emhlabeni.

19Abangasekhoyo bakho, Ndikhoyo, bona bobuya bavuke; kuya kuvuka bona ngenkqu, badle ubomi – nditsho bonke abalinde emadlakeni, bothi

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

khwaphululu batsholoze ngemincili. Njengombethe unyephisa umhlaba uNdikhoyo ke uya kwenjenjalo ukubavusa abo basishiya mandulo.

20Ngenan' emagumbini enu, bantu bam; ewe, ngenani nizivalele kaloku, nikhe nizifihle okomzuzwana nje, ide ithothe le ngqumbo yakhe.

21Kaloku uNdikhoyo yena uyeza; wosuka aphume ekhayeni lakhe, aze kubohlwaya abemi behlabathi, kuba kaloku bona basuke bona. Nomhlaba ngokwawo wosuka uthethe uwaxele amagazi aphalele kuwo; wosuka ubaveze abo babulawayo.

UIsaya 27

Umgwebo nebuyambo

1Ngelo thuba ke uNdikhoyo uya kusebenzisa elo krele lakhe ligeqayo, ayohlwaye inabulele, alibulale elo gongqongqo lijubalaze libhinyalaze elwandle.

2Ngelo thuba ke uNdikhoyo uya kuthi: “Yinzwakazi yesidiliyazana, khanintyontyele!

3Mna Ndikhoyo ndingumalusi waso, mna ndisinkcenkceshela rhoqo; nangobhadakazi andilali, ndalusa sona, hleze ubani asonakalise.

4Ngoku umsindo wam uthothile. Akwaba ebekho ameva, ngendiwatshisa; ewe, bendiya kulwa nawo ngenene.

5Zona iintshaba mazizimele kum, mazizabalazele uxolelaniso; ngenene mazicele uxolo.”

6Ngemihl' ezayo uYakobi uya kumila; ewe, uSirayeli uya kudubula aqhakaze; ilizwe lophuphuma yimveliso yakhe.

7USirayeli noko yena akohlwaywanga kangako, noko akafaniswanga neentshaba zakhe, akatshatyalaliswanga njengabagwinti bakhe.

8Yena wohlwaywe ngokuthinjwa, suka yena wafuduswa ngesaqhwithikazi somoya, njengeso somoya wasempuma.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Isono sikaYakobi ke socanyagushelwa, oko ke kube sisiqhamo sokuxolelwa kwakhe, akuba amatye amaqonga ecoliwe, nditsho amaqonga oothixo basemzini. Bowacumza njengelitye elinkum-nkum, kungabi sabakho qonga lasiqhumiso, kungasali namfanekiso ka-Ashera.

10Satsho salilolo isixeko esinqatyisiweyo. Mzindini obalekiweyo washiywa, ngoku sowumatwa nentlango. Kulapho adla khona amathole, anqunquda anqunqude acambalale.

11Amaseb' emithi oma ade aqhuzuke, bancedakale ke abafazi ngezo nkuni. Kaloku esi sisizwe esingaqondiyo, ngoko ke tu usini kuMdali waso; ewe, uMxonxi akayi kuba naluvelwano.

12Ngelo thuba uNdikhoyo uya kubaqokelela abantu bakhe ngabanye ngabanye, oku komntu obhulayo esahlula ingqolowa nomququ. Ewe, uya kuqalela kumlambo iEfrati, aye kuthi xhaxhe kumda waseJiputa.

13Kwangelo thuba kuya kuhlokonyiswa isigodlo, sibabize beze bephuma eAsiriya naseJiputa, apho babethinjwe khona. Baya kubuya bafike banqule uNdikhoyo kwintaba yakhe eyodwa eJerusalem.

UIsaya 28

Isilumkiso kwiSamariya

1Kwaza kwanyembeleka, Samariya echophe phezu kwentili echumayo, ntshingandini iliqhayiya kwiinkokheli eziyantazayo zakwaEfrayim; dumasindini elitshitsha njengentyatyambo, bhongondini lamanxila!

2INkosi inengwanyalala eseyichophel' ukuhlasela. Sisitshu esofika ngathi sisiphango; yintw' engathi sisandyondyo semvula; ilizwe labo ngathi lisityekelwa ngunogumbe.

3Woyiphosa phantsi emhlabeni! Loo ntshinga yeenkokheli ezinxilayo zaseSamariya yonyathelwa ixotyongwe ngeenyawo.

4Loo ntyatyambo itshitshayo, ichophe phezu kwentili echumayo, yoba ngathi lulibo lwamakhiwane, lona luthi lungavela luqhawulwe lutyiwe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Ikho kamb' imini ezayo; uNdikhoyo uSomandla-onke woba ngathi yintshinga, isiqhwaqhwalala sembasa yeentyatyambo; uya kuba njalo kwelo qaqobana lisindileyo.

6Ke bona abo bachophel' ukugweba wobathi jize ngomoya wokwazelelela; abayi kusilela noolindikhaya emasangweni – wobakhuthaza abaphe ukomelela.

Abashumayeli abanxilayo

7Nababingeleli ngokwabo bayanxila, nabashumayeli bayagxadazela butywala. Utywala babusela bade bahexe; ungafika beyotywe bade badideka. Abashumayeli bathwangeke bancitheka, nkqi ukuluqiqa udaba lukaThixo; nababingeleli bayashwantshatha butywala, abanako ukuyicalula imicimbi.

8Iitafile – mh-mh-mh, zibondekile! Zitsho zangamanangalala bobubuyayo; kurhiphilili, akukho nendawo!

9Kodwa bakhalaza bathi: “Ngubani ongafundiswa nguye? Ntshumayeloni yona leyo? Suka! Ifanel' iintsana, yini le! Ilingen' abakhov' ukulunyulwa!

10Khanimbone ukuzimisela kwakhe! Khanimve epitiliza ubugoci-goci; yenjenje, yenjenjeya, nci-nci-nci-nci, yonk' inanana!”

11Ngoko ke uThixo wonithumel' iintlanga, isizw' esilwimi lungaziwayo; ngaso woninik' isifundo.

12Ngani nina aba kanye wathi: “Yiyo le intuthuzelo nokuphumla kwenu; le yindawo yokuphumla!” Suka ke nina anamhoya.

13Ngenxa yoko ke yena uNdikhoyo wosuka abe yinto nani; uza kunifundisa bonke ubugoci-goci, anithi nca ngabo ubucukubhede. Wonithi mbende ngenkcukacha nenanana! Ngoko ke nosuka nithi thwanga, noba ngasus' unyawo nikhubeke; nosuka nenzakale ningxwelerheke; norhintyelek' emigibeni nithinjwe.

Ilitye lesiseko

© 1996 Bible Society of South Africa.

14Iinzwi, ke nina bagxeki, nditsho nina balawul' eJerusalem! Yivani; uyatheth'
uNdikhoyo.

15Kaloku nina niqhayisa ngokuthi: “Thina senze umnqophiso nokufa;
sinesivumelwano nalo elabafileyo.” Suka nazikhohlisa ke nisithi: “Nangomhla
wesithwakumbe ke thina sothubeleza; thina kaloku siqamela ngokuxoka,
inkohliso nobuxoki yinqaba yethu.”

16INkosi enguNdikhoyo ke yona ithi: “EZiyon ndibeka isiseko esingagungqiyo;
kuso ndifak' inyengane ekhethiweyo entsingiselo ithi ozinikezeleyo akasayi
kukhukhuliseka.

17Umthetho ndowenza umtya wokulungelelanisa, ubulungisa bube yintambo
yokundindanisa. Ubuxoki benu botshayelwa sisichotho, iimpuphuma
ziyikhukulise inqaba yenu.

18Umnqophiso wenu nokufa uya kutshitsha, nesivumelwano nelabafileyo
sonqamka. Ekugalelekeni kwaso isithwakumbe sona siya kunibetha
sinongamele.

19Isithwakumbe sobetha sinikhukhulise; kobe ngasa ibe siso nani. Soba
ngunonca imini nobusuku.” Ukuchazwa kolu daba kuya kunirhwaqelisa.

20Wozaliseka ke nomzekeliso othi: “Akukho kunaba – umandlalo mfutshane;
kanti nengubo libhayi – ayambathisi.”

21Kuba uNdikhoyo uya kulwa njengamhla mnene, nditsho apho kwintaba
iPerazim. Koba ngathi kukwintili yaseGibhiyon; woba ufezekisa umsebenzi
ongalindelekanga, ephumeza oko kuhlasimlisayo.

22Ngoko ke, khawuthi cwaka, mgxeki, hleze akusinde amakhamandela akho;
kuba sivakele kum isandi sentshabalalo, isaziso esimiselwe lonke ilizwe,
siphuma kuMhlekazi uNdikhoyo onamandla onke.

Ubulumko buvela kuThixo

23Inzwi; yivani, maSirayeli! Khanibek' iindlebe, ndiyathetha!

© 1996 Bible Society of South Africa.

24Mlimi wuphi olim' intw' engenasiphelo? Mlimi waphi ogelesha njalo? Hayi bo! Ngunotshe lowo!

25Yena uyalima ade agqibe; egqibile ke uhlwayela idile noba yikumin, mhlawumbi atyale noba yingqolowa; kungenjalo ke ahlwayele ihabile, zonke ke ngeendawo zazo.

26Kanene akaqeqeshwanga na nguThixo wakhe? Ewe, uwufundisiwe lo msebenzi.

27Obhula idile akasebenzisi sileyi, engayibhuli nanganqwelo ikumin. Hayi, idile uyibhula ngesibhulo, ikumin ayibethe ngomchiza.

28Andithi iyasilwa na ingqolowa? Hayi kaloku, akayibhuli okokoko, engayicoli nditsho nangenqwelo, kanti ke namahashe akayigrayi.

29Obo bulumko ke buvela kuNdikhoyo uSomandla-onke; kaloku yena yintshatsheli ngamacebo, ngenene yena ubalasele ngobulumko.

UIsaya 29

Libhek' umoya kwiJerusalem

1Kunyembelekile kuwe, Ariyeli, sixeko esathinjwa nguDavide! Mayijikeleze ihambe iminyaka; mayenjenjalo nemibhiyozo yonyaka.

2Kodwa mna Ndikhoyo ndokuhlasela, Ariyeli; yoba sisijwili nokuyayatheka, kum ube ngathi liziko elivuthayo.

3Ndokuhlasela ndikungqinge ngeendonga, ndikujikeleze ngeemboniselo.

4Uya kuthotyelwa eluthulini, uthethe ngelizw' elivumbuluk' emhlabeni, usebeze ngelezithunzela.

5Kodwa ke iintshaba zakho zovuthululwa njengothuli, imikhosi eyomeleleyo itshayelwe njengomququ. Ngethuba elingephi, ngephanyazo,

6uNdikhoyo uSomandla-onke uya kukuhlangula; uya kutsho ngentswahla yeendudumo nenyikima, ibe sisivungu-vungu esigquthezayo, umlilo nedangatye elilenyezayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Yonke imikhosi yezizwe ezihlaselayo, ezihlasela iAriyeli, izixhobo nezikrweqe zazo konke nje, koba njengephupha, njengombono wasebusuku.

8Kofana nomfo olambileyo ephupha, engathi uyatya, kodw' akuvuk' usalambile; okanye umntu othe khothe lunxano, ophuph' esela, phof' avuke esanxaniwe. Koba njalo ke ukuphoxeka kwemikhosi yezizwe leyo ihlasela intaba yeZiyon.

Ukungahoywa kwezilumkiso

9Zithwangeni nitsho nibe zizityhakala; zimfamekiseni ke, nitsho nimfameke; nxilani, noba anikhange nibufake; gxadazelani, ningaselanga tywala.

10 UNdikhoyo unitsho nangamayosi-yosi; unitsho nayeketheka bubuthongo. Kaloku amehlo enu avalekile, neentloko zenu zincithekile; ewe, abashumayeli benu ababoni, abaqiqi.

11Intsingiselo yemibono iya kufihlakala kuni, ifane nencwadi ecikiweyo. Niya kuthi nakuyisa kwabo baziyo, nisithi: “Khanisifundele,” bathi: “Asinako, kuba itywiniwe.”

12Nothi ke nakuyinika umntu ongafundanga ukuba anifundele, aphendule athi: “Andikwazi ukufunda.”

13Suka ke iNkosi yathi: “Aba bantu basondela kum ngomlomo, bandihlonela ngalo umpaku-mpaku; iintliziyo zabo zona zikude lee, inkolo yabo imi ngeziqhelo kuphela.

14Ngoko ke mna ndosuka ndiphinde ndibancithe ngesishiqi phezu kwesithwakumbe, nobulumko beengqondi butsho buthi shwaka, nobungcaphephe bamaqili butsho bunyamalale.”

Ikamva liyathembisa

15Asazi ke kwabo bazifihlayo – kunyembelekile kwabafihlela uNdikhoyo iinjongo zabo, kwabo benza izinto ebumnyameni, besithi: “Ngubani oya kusibona? Ngubani oya kusazi?”

© 1996 Bible Society of South Africa.

16Iinto zonke bona bayazibhukuqa: kukho udongwe nombumbi – yiyiphi eyona-yona? Into ebunjiweyo ingamsola na umbumbi isithi: “Andenziwanga nguye”? Udongwe lungatsho na kumxonkxi ukuthi: “Awunangqiqo”?

17Kaloku kukho isimbo esithi: “Amahlathi aseLebhanon ojika abe ngumyezo weziqhamo, ke wona umyezo ube ngamahlathi.”

18Ngaloo mini ke nesithulu siya kuva; siya kuweva amazwi afundwa encwadini. Nemfama ehlala esithokothokweni sobumnyama ovuleka amehlo ayo, itsho ibone.

19Nabo bangazelwe nto uNdikhoyo uya kubavuselela ngolonwabo; abahlelelekileyo boba nemihlali ngoYedwa kaSirayeli.

20Eso soba sisiphelo seendlobongela, batsho banqamke abamgxekayo uThixo, nabaququzeleli bobubi batsho baphele.

21Baya kutshabalala abaphixanisayo; konyembeleka kwabacupha abantu ngobugqwetha; abo bajika ubulungisa ngobuxoki, bacudulele abantu abamsulwa.

22Ngoko ke ngoku uNdikhoyo owakhulula uAbraham uthi mayela nendlu kaYakobi: “UYakobi akaphindi abe semahlazweni, engasoze aphinde abuye anxube!

23Akubona inzala endiya kumpha yona, abantwana abangumsebenzi wam, uya kutsho avume athi mna ndinguYedwa kaYakobi. Ngenene, uya kundihlonela, akhahlele kum, mna Thixo kaSirayeli, alidumise igama lam elilodwa.

24Nabo banxaxhileyo bofumana ingqiqo, nabo bambombozelayo bayamkele ingqeqesho.”

UIsaya 30

Isivumelwano esingancediyo

© 1996 Bible Society of South Africa.

1 UNdikhoyo uthethe wenjenje: “Libhek' umoya kusapho olunenkani, abo
benza izigqibo ngaphandle kwam, abenza izivumelwano ngaphandle kwam;
izono zabo ziyelekelana.

2Bona basuka babhenela eJiputa; abanaxesha lokubuzisa kum. Nto
bayifunayo kukukhuselwa yiJiputa; nto bayingxameleyo liphiko lokumkani
walapho.

3Ukhuselo lweJiputa yimpoxo yodwa; nto ningayizuzayo kukuhlazeka
kuphela.

4Bona banawo amagosa eZowan, banabo noonozaku-zaku eHanes,

5kambe ke wonk' umntu uya kuphoxeka ngenxa yesi sizwe singento yanto,
isizwe esingenaluncedo nacebo ngaphandle kwamahlazo namanyondololo.”

6Nalu ke udaba olundilisekileyo mayela nezilo zentlango yasezantsi:
Oonozaku-zaku bacanda kweleembandezelo neengozi, kwilizwe abakrotywa
ziingonyama, apho kuphithizel' iinyok' ezinobuhlungu, zikwalapho nezitshu
zamagongqongqo. Iidonki neenkamela zabo ziyasuntsubala yimithwalo
ezizipho ezixabisekileyo, ziphiwa isizwe esingento yanto.

7Kaloku iJiputa ize, ayinaluncedo mpela; yiyo loo nto ndiyibiza ngokuthi
nguRahabhi ongenamsebenzi, nditsho ikhwang' elinqunyulwe neempondo.

Isizwe esingevayo

8UThixo wandiyalela wathi: “Krola ecwecweni, ubhale encwadini, obo ibe
bubungqina obuhlala buhleli.

9Aba ngabantu abangalawulekiyo, sisizukulwana esinenkohliso, abantu
abangazimisele kuphulaphula, abayichasayo ingqeqesho kaNdikhoyo.

10Kubashumayeli bathi: ‘Yithini cwaka ngemibono! Sanukusifundekela
ngeemfanelo zethu! Sithuthuzeleni sihlale sinje; siboneleni
okungamampunge.

11Sudukani, sanukuxaba endleleni; asifuni nokuva ngoYedwa uThixo
kaSirayeli.’ ”

© 1996 Bible Society of South Africa.

12Ngoko ke uYedwa kaSirayeli uthi: “Ngokuba ningaluvumanga olu daba,
koko nisuke naqamela ngenkohliso nengcinezelo,

13ngoko ke anikho lityala, nifana nqwa nodonga oluphakamileyo
olunenkenkewula yethanda; ewe, sekulindeleke isithonga nanini na.

14Losuka lupharhake ngathi yingqayi entlekeke yaba ziingceba
ezingenakukha malahle eziko namanzi equleni.”

15Utsho uMhlekazi uNdikhoyo, nditsho uYedwa kaSirayeli, uthi: “Nosinda
ngenguquko nokuzinikezela kum; amandla enu kukuzola nokuthembela kum.
Phi ke, nisala nje!

16Ndaweni yaloo nto nithi: ‘Sosuka sisabe ngamahashe.’ Ewe, kungaba njalo.
Nithi: ‘Amahashe ethu angaphala gqitha.’ Ewe, amahashe enu angaphala
nakangako kodwa nofunyanwa ngabanisukelayo.

17Iwaka losukeliswa lijoni elinye; xa ninonke niya kugxothwa ngamajoni
amahlanu qha, nibaleke nisabe nibe njengendwe emi yodwa entabeni phaya,
nayo ke iyeyentlaba-mkhosi.”

18Kambe ke uNdikhoyo usanilindele, usazungula ukunibabala ngesisa. Kaloku
yena nguThixo ongajika-jikiyo; hayi ithamsanqa labo bakholosa ngaye!

UThixo wobasikelela abantu bakhe

19Ewe, nina bemi baseJerusalem, anisayi kuphinda nilile. Kaloku uNdikhoyo
unenceba; ngoko ke nothi nakuzibika kuye asabele.

20Nangona uMhlekazi eya kuniyekela ngamaxesha enkxwaleko, kodwa nguye
ngokwakhe oya kunithundeza; niya kumqonda lowo uya kunifundisa.

21Niya kuthi nakuphambuka abe selekhona; nimve esithi: “Yizani, nants'
indlela.”

22Ke yona loo mifanekiso yenu niyinqulayo ityatyekwe ngesiliva, naleyo
ityatyekwe ngegolide, iya kugqwaliseka oku kwesishuba somfazi, niyithathe
niyilahle kude, niyichile nithi: “EMbo-o-o!”

© 1996 Bible Society of South Africa.

23Ngexesha lokulima uNdikhoyo uya kuyivulela imvula, iphume imbewu eniyityalileyo, nezityalo zikhule zitsho ngesingayiwayo isivuno. Ngelo thuba ke neenkomo zenu ziya kudla kumadlelo abanzi ayokozelayo.

24Ke zona iinkabi needonki enilima ngazo ziya kondliwa ngomxube wezidlo zodidi.

25Kogqabhuka imithombo yamanzi ezintabeni nasezindulini ngaloo mini inkulu yokuhlaselwa nokuwa kweenqaba zeentshaba zenu, nazo ngokwazo zibulawe.

26Inyanga yoqaqamba njengelanga, ke lona ilanga liqaqambe ngokuphindwe kasixhenxe, kube ngathi kubandakanywa ukukhanya kweentsuku ezisixhenxe ndawonye. Koba njalo ke mhla uNdikhoyo wawabopha amanxeba awenze kubantu bakhe, azihlambe neenduma zabo.

Ukohlwaywa kweAsiriya

27Nango amandla nobungangamsha, obukaNdikhoyo buthi gqi kwelikude; intshinyela yomsi idiza ingqumbo yakhe, ubebezelis' imilebe ngumsindo, ulwimi lulatyuzelis' amalangatye.

28Umphefumlo wakhe ukhukulisa njengomlambo, ngathi ngumlamb' ozele wada watyekeza, uhluz' izizwe ngentshabalalo, uzirhintyela ngomkhala wolahlekiso.

29Ke nina niya kuchulumacha, nintyiloze nimemelele ngathi kungobusuku bamatheko amiselweyo. Niya konwaba ngathi ningabantu abaya endlwini kaNdikhoyo, bevuma bekhatshwa ngamaxilongo: uNdikhoyo ixhadi likaSirayeli.

30Wonke umntu uya kukuva ukuhlokoma kwelizwi likaNdikhoyo, ngokunjalo azive nezabhokhwe zengqumbo yakhe. Kuya kubakho amadangatye nogqabhuko-mafu, isichotho nezandyondyo zemvula.

31Ilizwi likaNdikhoyo liya kumrhwaqelisa uAsiriya, intonga yakhe imkhahlele phantsi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

32Wothi ephindelela nje uNdikhoyo ukuwohlwaya ama-Asiriya ngaloo nduku yakhe yesohlwayo, babe bona abantu bakhe bentyiloza bengqungqa ngamagubu neekatala, abe yena esilwa nawo.

33Kambe ke kudala lalungiswayo labaswa iziko, iziko ekuya kutshiswa kulo ukumkani waseAsiriya. Yinzongo-nzongo yomngxuma obanzi, iinkuni zifunjwe zayintaba. Ke yena uNdikhoyo wosuka avuthele atsho ngomlambo wedangatye, unqanqaze umlilo.

UIsaya 31

Thembelani kuNdikhoyo

1Kunyembelekile kwabo babhenela kuncedo lweJiputa; nditsho abo bathembela kumahashe, abo bakholosa ngeenqwelo eziyinyambalala, nabaqamele ngobukroti bamajoni, nditsho amajoni amahashe, abantu abangamjongele nto uYedwa kaSirayeli, nditsho abangasifuniyo isiluleko sikaNdikhoyo.

2Ukanti yena sisilumko, angasivulela nesithwakumbe; ewe, elakhe ilizwi alidliwa nja! Koko wosuka ayivukele indlu yezikhohlakali, abohlwaye abancedisana nabenzi bobubi.

3La maJiputandin' asiThixo, koko ngabantu, namahashe awo asimhlola, koko zizilwanyana. UNdikhoyo wothi angaphakama ibe ziziqwenga, ke yena umncedisi atsho akhubeke, aze ke yena umncedwa awe bhaxa, bonke bavuthuluke batshabalale.

4UNdikhoyo uthethe nam wenjenje: “Abelusi bangafanelana beqobisa ngemikhwazo, kodwa ngunotshe ukuba bayothuse ingonyama, ingakumbi xa seyilibambile ixhoba layo. Ngokunjalo nam ke akukho bani unokundinqanda ekuyikhuseleni kwam intaba iZiyon, mna Ndikhoyo uSomandla.

5Njengentaka ikhusela amathole ayo, nam, mna Ndikhoyo onguSomandla-onke, ndiya kwenjenjalo ukuyihlanganisela iJerusalem. Ewe, ndoyikhusela ndiyikhulule; ndogqitha kuyo ndiyisindise.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

6UNdikhoyo uthethe wathi: “MaSirayeli, nonile ngokundifulathela. Ngoko ke
ngoku buyani!

7Kaloku iyeza imini apho nonke niya kulilahla eli zothe liyile mifanekiso
niyiqingqe ngesiliva nangegolide.

8“UAsiriya ke yena wofela emfazweni. Phofu ke akayi koselwa krele lamntu:
kovela krele limbi, lisuke limngxwelerhe. Kweso sithuba ke wosuka
aswantsule, abafana bakhe ke bona benziwe amakhoboka.

9Injengele yakhe yosuka ingenwe bubuphaku-phaku, nezinxiba-mxhaka
zosuka zirhwaqele zoyike, zide zibaleke zilahle kanye nayo nembasa
yomkhosi.” Etshilo nje ke uNdikhoyo utshilo, Ndikhoyo lowo omlilo
uvuthayo eZiyon, omsi wamadini utsho ngomlembelele eJerusalem!

UIsaya 32

Ukumkani ofezekileyo

1Woze afike ukumkani olawula ngolungelelwano, izinxiba-mxhaka zitsho
ziphathe ngemfezeko.

2Zonke ngazinye zoba ngumqolomba mhla ligquthayo, zibe yinqaba
yokuzimela mhla ngoqhwithela. Zofana nemijelo yamanzi kwelibharhileyo,
zibe lithunzi lamawa kwilizwe eliyinkangala.

3Zona ziya kuba namehlo, ziqonde iingxaki zoluntu. Ziya kuba neendlebe,
zikuphulaphule ukuzibika kwabantu.

4Yoqonda nengqiqo yezityhuthu-tyhuthu, nabathintithayo bathethe
ngokucacileyo.

5Isiyatha akusayi kuthiwa ngohloniphekileyo; neqhopholo akusayi kuthiwa
ngonyanisekileyo.

6Kaloku isiyatha sitheth' ubuyatha, nengqiqo yaso iqulunqa ubugwenxa.
Sizixakekise ngenkohliso; uNdikhoyo sihlala simcukuceza ngengcikivo.
Simshiya enjalo umntu othezwa liphango, singamkhathalele nganto
nokhotheke lunxano.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Umntu oyindlavini nezenzo zakhe zinenkohlakalo; uba soloko efutha
ukwenza ububi, ezama ukubhubhisa amahlwempu ngenkohliso, khon' ukuze
awavimbe amalungelo awo.

8Ke yena onesidima uneengcingane ezizimasekileyo, nemisebenzi yakhe
ingqinelana nento ayiyo.

Amaxesha entswelo nawendyebo

9Phakamani nindiphulaphule ke nani, nditsho nina, zimazi zingaxhalele nto;
bekan' iindlebe nive xa ndithethayo, nina zintombi ezingáthi zikhuselekile.

10Ningade nibe ngathi nanelisekile ngoku, kodwa kozayo unyaka
nongcungcutheka, kuba idiliya yona yosuka iphunze, singabikho tu isivuno
seziqhamo.

11Xhalabani, zimazi ezihlala zingaxhalele nto; hlahlambani, zintombi
ezingenaluvalo; khululani, nithi gatya ezenzila.

12Yho-o-o amasimi! Kwakhe kwanje phi na? Awu! Sashiya senzeka
ngeediliya!

13Gixani ngenxa yomhlaba wabantu bam, kuba namhla sowugqunywe
ngameva nobobo. Hlahlambani ngenxa yamakhaya avuyayo; ewe, silileleni
isixeko esixokozelayo.

14Kaloku nekomkhulu lokhal' ibhungane, nakwisixeko esinyakazelayo kuthi
bhe! Kwandlunkulu koba ngamabhodlo kanaphakade; koba lapho adloba-
dloba khona amaqwarha, kube lapho itya khona imihlambi,

15ade uThixo asithululele uMoya wakhe, nentlango itsho ifane nomyezo
weziqhamo, imiyezo yeziqhamo ifane namahlathi.

16Nasentlango kuya kuphuphuma ulungelelwano, nemiyezo echumayo
yambathiswe bubulungisa.

17Ke ubulungisa bozala inzolo, ize ke ibe lulungelelwano nocwangco njalo-
njalo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

18Ke abantu bam bothi zava bahlale ngenzolo kwimizi ekhuselekileyo nephahlwe luxolo.

19Nokuba amahlathi ebhululwe sisichotho, nesixeko sivuthuluke kwathi pam,

20yoba luvuyo kuye wonk' ubani, ingengomanzi ingesosivuno, kuyinto nje, amadlelo enabe ethe tshitshilili, iidonki neenkomo zidakasa zikhuselekile.

UIsaya 33

Ukucela uncedo

1Kunyembelekile kuwe, mtshabalalisi; wena ungatshatyalaliswanga! Yeha ke, wena tshijolondini; ke wena siqu awuqhathwa mntu! Uya kuze upheze ukutshabalalisa, ibe nguwe otshatyalaliswayo. Boze bupheze ubuqhopholo bakho, nawe ke ube lixhoba lokuqhathwa.

2 Ndikhoyo, khawube nenceba kuthi; asisakulangazeleli ngako! Ntsasa zonke yiba ngamandla ethu; sihlangule sakungena enkathazweni.

3Lakuzongoma izwi lakho batsho basabe; wakuphakama ziyasarhaka izizwe.

4Izizwe zojika zibe ngamaxhoba, zixhatshazwe ngathi zingenelwe ziinkumbi.

5Mkhulu kambe uNdikhoyo, yena umi kweliphezulu! IJerusalem woyizalisa ngolungelelwano nobulungisa.

6Maxa onke uya kuba sisiseko esingahexiyo, isisele sosindiso, ubulumko, nolwazi. Umthombo wale ndyebo kukuhlonela uNdikhoyo.

7Nango amagorha abo ezibika; oonozaku-zaku abaphath' uxolo nâbo besitsho ngesikrakra.

8Ngoku koohola sekuthe bhe; abahambi abavakali ndawo konke. Izivumelwano ziyakrotyozwa; ke izixeko zideliwe, akusekho mntu uhlonitshwayo.

9Umhlaba ulele, ngamafusi nje, amahlathi aseLebhanon atshazile; ngoku iSharon ifana nentili yasentlango, imithi ibunile eBhashan naseKarmele.

Iintshaba zikaNdikhoyo ziyalumkiswa

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

10 UNdikhoyo uthi: “Ngoku ke ndosuka ndiphakame; niza kububona
ubungangamsha bam; ewe kaloku, ndiza kuzimaseka.

11Nikhawul' umququ, nizal' inkintshi-nkintshi; kaloku nizitshabalalisa
kwangokwenu.

12Izizwe ziya kutshiswa okwamatye ekalika; ziya kufakwa umlilo
okwezihlahla zameva.

13Nina bantu bakude, phulaphulani; ewe, yiveni into endiyenzileyo; nina
bakufuphi, wavumeni amandla am.”

14Aboni baseZiyon bayagubha liphaphu, abangakhathalele Thixo
bayangcangcazela. “Ngubani ke kuthi ongamelana nomlilo olenyayo?
Ngubani onganyamezela umlilo ongacimekiyo?”

15Ngondlela zithe ngqo nothetha kakuhle, nongafuni kungenelwa
ngengcinezelo, noyingcathu ongazamkeliyo izicengo, ongahambisaniyo
nabafutha amayelenqe, umntu ongafunaniyo nezinto ezimbi.

16Onjalo ke uza noloyiso; ukhuseleke ngathi usemqolombeni apho ukutya
namanzi kuhlala kuhleli.

Ikamva eliqaqambileyo

17Ke amehlo enu oze ambone ukumkani ethiwe jize ngesihomo nesithozela;
owakhe umhlaba uthe gabalala.

18Ngeenkumbulo nocamanga ngehambo-nzima yamandulo: “Waya phi
umphicothi-ncukacha; ephi ke yena umvavanyi? Kanti uphi yena umhloli
weenqaba?”

19Ezo ntlanga zidelelayo zophel' emehlweni, abantu abantetho ingacacanga,
abapitiliza ulwimi eningaluqondiyo.

20Khangelani iZiyon, isixeko samatheko amisiweyo; zisuka nje nokhangwa
yiJerusalem, ikhaya lenzolo, umzi ongashukumiyo; ezawo izikhonkwane soze
zancothuka, neentsontelo zawo soze ziqhawuke.

© 1996 Bible Society of South Africa.

21Apho ke uNdikhoyo woba nguThixo wethu onamandla, soba ngathi siphakathi kweentlambo nemilambo; kodwa akukho sikhephe siya kuhamba khona, kungekho nanqanawa ingangcambaza apho.

22Kaloku umgwebi wethu nguNdikhoyo; ewe, uNdikhoyo yena uyasilawula. Ikumkani yethu nguNdikhoyo; nguye oya kusisindisa.

23Zona iintambo zenqanawa ziyeke-yeke; azisenako ukuyibamba intsika yayo, zingenako ukuyiqinisa neseyile. Boxhaphaz' amaxhoba bazanelise; kuya kuhlomla nesiqhwala esi sembala.

24EZiyon akusayi kubakho ugulayo; zonke izono zabemi bayo ziya kuxolelwa.

UIsaya 34

Ukohlwaywa kwezizwe

1Sondelani, zizwe, niphulaphule; inzwi kaloku nakuni, zintlanga. Maliphulaphule ihlabathi nenzaliseko yalo; ihlabathi nemveliso yalo yonke malimamele.

2Kalok' uNdikhoyo ulwa nazo zonke izizwe, uxabene nayo yonk' imikhosi yazo. Wozibhubhisa xa zizonke, zonke azixhaxhe kuphele.

3Izidumbu aziyi kungcwatywa; zothi xakalala ziqungquluze – mh-mh-mh! Iintaba zonyepha ligazi labo.

4Iinkwenkwezi nemikhosi yazo zonke zosuka zisumke zinyamalale; isibhakabhaka sosongwa ngathi ngumqulu, iinkwenkwezi zivuthuluke okwamagqabi, zitshaze ngathi ngamagqab' omdiliya nomkhiwane.

5Emazulwini umkhonto wam uxhaphile; nanko usihlela e-Edom, abantu abagwetyw' intshabalalo.

6Umkhonto kaNdikhoyo wodad' egazini; ewe, utsho waxhapha ngamanqatha ngathi ligazi lamatakane neebhokhwe, namanqatha ezintso zenkunz' egusha. EBhozera uNdikhoyo uya kwenza idini; ewe, yoba ngamatyadidi kwaEdom.

7Abantu baya kuwa njengenqu; bafane neenkunzi ezindala nezingamathole. Umhlaba uya kufuma ligazi, nothuli lunyephe ngamafutha.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Ngemini yakhe uNdikhoyo wophindezela, unyaka wembuyekezo ngenxa
yeZiyon.

9Imilamb' e-Edom yoba mnyama, umhlaba ufane nesalfure; umhlaba wofana
netha evuthayo.

10Wodangazela imini nobusuku, umsi utsho ngomlembelele othunquzayo,
kube zizizukulwana ngezizukulwana libharhile, kungaze kunqumle mntu
khona,

11ilizwe limiwe sisikhova nesihulu-hulu, limiwe ngookhwalimanzi
namahlungulu. UThixo wolibharhisa kwakhona elakwaEdom, libe
njengelamandulo kungekadalwa nto.

12Sobe kubekho kumkani ulawulayo; izinxiba-mxhaka zophel' emehlweni.

13Izakhiwo zomila ameva nobobo, iinqaba zambathwe lutshungu nesinama.
Yoba sisikhululo soodyakalashe, ibe likhaya lezikhova.

14Koba lapho angqungqa khona amarhamncwa, zikhwazane khona
neendimoni. Yoxhwarha khona nerhorho yobusuku, izula-zule iphathe
kuphumla.

15Isikhova siya kwakha sizalele khona; zofukama zide ziqandusele,
ziwakhulisele khona amathole azo. Oontloyiya boqokelelana bonwabisane
khona.

16Khangela encwadini kaNdikhoyo ufunde: Kwezi zilo akukho singekhoyo,
kungekho nesingenaqabane laso, kuba lowo ngumlomo kaNdikhoyo,
nguMoya wakhe oya kuziqokelela.

17Isekwanguye oya kuzabela azinike inxaxheba ngazinye ngazinye. Elo yoba
likhaya lazo naphakade, zime khona izizukulwana ngezizukulwana.

UIsaya 35

Ibuyambo

1Intlango nomqwebedu ziya kuchulumacha; elibharhileyo loba nemihlali
liqhakraze njengentyatyambo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Intlango yomemelela idlokove luvuyo; yoba yinzwakazi enjengeentaba
zaseLebhanon, yochuma njengamasimi aseKarmele naseSharon. Bonke
bobubona ubungangamsha bukaNdikhoyo, bucace ubuhandiba nokomelela
koThixo wethu.

3Izandla ezinomkhinkqi mazomelele, namadolo anengevane atsho adlamke.

4Thetha namagwala, uthi: “Qinani, ningabi nentaka! Kaloku uyeza uThixo
wenu; uza epheth' impindezelo. Nank' egush' imbuyekezo; ewe, uza
kunihlangula.”

5Kaloku ke kobona nemfama le yembala, zitsho zivuleke neendlebe zesithulu,

6nesiqhwala sidlobe sitsiba-tsibe okwempunzi; nezimumu zomemelela
ngemihlali. Kaloku kompompoza amanzi nasentlango, kugqabhuke imilambo
nakwelibharhileyo.

7Intlabathi evuthayo yojika ibe lichibi, umhlab' okhothekileyo uphanjwe
yimithombo. Asisathethi ke ngeendawo zikadyakalashe, kuba zona zoba
yimigxobhozo yemizi neengcongolo.

8Apho ke kothi tyaba uhola; leyo ke kothiwa yindlela yobungcwele
ekungekho namoni woze athi cakatha kuyo, nasiyatha solahlekisa mntu kuyo.

9Kuyo soze kubekho ngonyama, ingasoze ihanjwe narhamncwa; kuphela
ngabakhululwe nguNdikhoyo abaya kudakasa kuloo ndlela.

10Abasindisiweyo nguNdikhoyo bobuyela eZiyon benemihlali, bengqungqa
bememelela ngochulumacho. Soze babe sazana neentsizi nenkxwaleko;
boxhamla ulonwabo naphakade.

UIsaya 36

Ama-Asiriya ahlasela iJerusalem

(2 Kum 18:13-27; 2 Gan 32:1-19)

1Ngonyaka weshumi elinesine wokulawula kukakumkani uHezekiya
kwelakwaJuda, ukumkani waseAsiriya uSenakeribhe wazihlasela wazithimba
zonke izixeko ezinqatyisiweyo zakwaJuda.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Ke kaloku wandulula ingqwayi-ngqwayi yakhe eLakishe, eyithumela
eJerusalem nomkhosi omkhulu. Ingqwayi-ngqwayi leyo ke yema kwindlela
ebheka apho kusetyenzwa khona amalaphu, ngakumjelo otsala amanzi
kwiqula elingentla.

3Yahlangatyezwa nguEliyakim unyana kaHilekiya umaqhuzu wakomkhulu,
noShebhena unobhala wenkundla, ndawonye noJowa unyana ka-Asafu usiba-
khulu.

4Ingqwayi-ngqwayi yathetha nabo yathi: “Xelelani uHezekiya nithi: ‘Ithethe
ngolu hlobo ingangalala ukumkani waseAsiriya: Njengokuba uzithembe
kangaka nje, Hezekiya, uqamele ngantoni kanye?

5Akuzilibali unamacebo nobuchule bomkhosi onamandla. Awu, waza
walavuza kambe! Ukholose ngabani undivukela nje?

6Jonga, ndiyazi ukuba uthembele ngeJiputa. Xa ingubani yona, umsimelelo
ofana nengcongolo entlekekileyo, ojika uhlabe izandla zomntu osimelela
ngawo, umtsho abe namanxeba. Ewe, unjalo ukumkani waseJiputa;
ubenjenjalo bonke abakholosa ngaye.

7Mhlawumbi ke uthi: “Hayi, thina sikholose ngoNdikhoyo uThixo wethu.”
Kanene lowo asingulo uHezekiya amdilizele iindawo eziphakamileyo
zonqulo, wabhangisa namaqonga amadini akhe, esithi kuJuda neJerusalem:
“Yizani kunqula kwiqonga eliseJerusalem kuphela”?

8“ ‘Hayi bo! Yiza kaloku, ukhe umiselane nenkosi yam, umhlekazi ukumkani
waseAsiriya. Ndokunika amawaka amabini amahashe ukuba unganabo
abakhweli.

9Kuxa ungubani wena? Akunakuthelekiswa naso nesiveke-veke kumajoni
aseAsiriya, noba ungade ukholose ngeenqwelo namahashe aseJiputa.

10Kakade ke, uthi ndifane ndeza kuhlasela ukuze nditshabalalise ndibhuqe
konke apha ndingayalelwanga nguNdikhoyo? Hayi, nguNdikhoyo ngokwakhe
othe mandingene apha, ndilitshabalalise eli lizwe!’ ”

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Kwesi sithuba ke uEliyakim noShebhena noJowa babhekisa apho kwingqwayi-ngqwayi, bathi: “Khawuncede ukhumshe isiAram, mhlekazi; izicaka zakho ezi ziyasiqonda. Musa ukuthetha nathi ngesiHebhere, hleze kuve naba bantu baseludongeni.”

12Kambe ke loo ngqwayi-ngqwayi yaphendula yathi: “Yini le, nicinga ukuba la mazwi inkosi yam iwabhekisa enkosini yenu nakuni kuphela? Nithi ayiwabhekisi nakwaba bantu bahleli kolu donga? Andithi kaloku nabo kwanjengani baza kutya ilindle labo, basele umchamo wabo!”

13Yaphakama ke ingqwayi-ngqwayi leyo, yadanduluka ithetha ngesiHebhere, yathi: “Phulaphulani nive ekuthethayo ingangalala, ukumkani waseAsiriya!

14Ukumkani uthi: ‘Sanukukhohliswa nguHezekiya lo! Akanako ukunihlangula.

15Sanukumvumela aniwexulele ekukholoseni ngoNdikhoyo, esithi: “Ngenene uNdikhoyo uya kusihlangula, nesi sixeko asiyi kuba lixhoba lokumkani waseAsiriya.” ’

16“Musani ukumphulaphula uHezekiya lo! Ukumkani waseAsiriya uthi: ‘Phumani nize kuzinikezela kum, sivisisane. Ukuba niyayenza loo nto, nonke ngabanye niya konwaba, ibe ngulowo nalowo atye iziqhamo zesidiliya sakhe namakhiwane akhe, esela amanzi equla lakhe,

17ndide ndize kunithatha, ndinise kwilizwe elifana neli lenu, umhlaba onemveliso yeenkozo newayini, ilizwe lengqolowa neediliya.’

18“Sanukulahlekiswa nguHezekiya xa esithi: ‘UNdikhoyo uza kusihlangula.’ Nguthixo wasiphi isizwe owakhe wasihlangula esandleni sokumkani waseAsiriya?

19Baphi oothixo baseHamati nabaseArpadi? Baphi oothixo baseSefarvayim? Ngaba bakha bayihlangula iSamariya esandleni sam?

© 1996 Bible Society of South Africa.

[20]Nguwuphi kwaba thixo bezi zizwe xa bebonke owakha wanako ukuhlangula ilizwe esandleni sam? Ke, uNdikhoyo lowo yena angayihlangula njani iJerusalem esandleni sam?”

[21]Kodwa ke bona abantu abo bathula bathi cwaka, abaphendula, kuba kaloku ukumkani uHezekiya wayebayalile wathi: “Ze ningamphenduli.”

[22]Ke kaloku uEliyakim unyana kaHilekiya, umaqhuzu wakomkhulu, noShebhena unobhala wenkundla, kunye noJowa unyana ka-Asafu, usiba-khulu, bakhathazeka bazikrazula izambatho zabo, bahamba baya kuHezekiya, baza bamazisa loo mazwi athethwe yingqwayi-ngqwayi.

UIsaya 37

Ukumkani ucetyiswa nguIsaya

(2 Kum 19:1-7)

[1]Ke kaloku wathi akuziva ezi ndaba ukumkani uHezekiya, suka wakhathazeka, wazikrazula izambatho zakhe, wanxiba ezirhwexayo zokuzila, waya endlwini kaNdikhoyo.

[2]Wathuma uEliyakim umaqhuzu wakomkhulu, noShebhena unobhala wenkundla, kunye nababingeleli abaphambili, bonke benxibe ezirhwexayo zokuzila, wathi mabaye kumshumayeli uIsaya, unyana ka-Amozi.

[3]Baya, bafika bathi: “UHezekiya uthi: ‘Lo ngumhla wenkxwaleko, impoxo, nehlazo. Sifana nomfazi ofikelwe lixesha lakhe lokuzala, kodwa engenawo amandla okujongana naloo meko.

[4]Makube uNdikhoyo uThixo wakho uwevile onke amazwi athethwe yingqwayi-ngqwayi leyo ibithunywe yinkosi yayo ukumkani waseAsiriya ukuze ize kuphoxisa ngoThixo ophilayo. Ngamana yakhalinyelwa ngenxa yamazwi aweve ngokwakhe uNdikhoyo uThixo wakho. Ngoko ke nceda uthandazele amasalela asindileyo.’ ”

[5]Athe ke akufika kuIsaya loo maphakathi kakumkani uHezekiya,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6uIsaya wathi kuwo: “Yixeleleni inkosi yenu ukuba uNdikhoyo uthi: ‘Musa
ukuxhalaba yiloo nto uyivileyo – loo mazwi athethwe ngamaphakathi
kakumkani waseAsiriya endithuka.

7Uyabona ke, mna ndiza kumfaka umoya wokuba athi akuva umingi-mingi
lodaba oluthile, asuke abuyele kwelakowabo. Khona apho ke ndiya kwenza
ukuba abulawe ngekrele.’ ”

Ama-Asiriya athumela isoyikiso
(2 Kum 19:8-19)

8Ingqwayi-ngqwayi yomkhosi yathi yakuva ukuba ukumkani waseAsiriya
umkile eLakishe, suka yarhoxa, yabuya umva, yaza yafika ukumkani esilwa
neLibhena.

9Ke uSenakeribhe wafumana udaba oluthi ukumkani uTiraka umKushe nanko
ehlasela iAsiriya. Ngoko ke waphinda wathumela kuHezekiya esithi:

10“Yithi kukumkani uHezekiya wakwaJuda: ‘Musa ukukhohliswa ngulo Thixo
wakho umthembileyo. Uyakuxokisa xa esithi: “IJerusalem ayiyi kuthinjwa
ngukumkani waseAsiriya.”

11Kaloku sowuzivile izigigaba zokumkani waseAsiriya kwezinye izizwe; uyazi
ukuba wazibhukuqa wazitshabalalisa tu. Ke wena uthi uya kusinda njani?

12Babephi oothixo bezizwe ezatshatyalaliswa ngoobawo-mkhulu?
Abazihlangulanga ngani ke oothixo baseGozan, eHaran, eRezefe, nabo
babantu baseIdeni ababeseTelasare?

13Uphi ngoku ukumkani waseHamati, owaseArpadi; ukumkani wesixeko
saseSefarvayim? Yena owaseHena nowaseIva uphi?’ ”

14Ezo zigidimi zamnika loo leta uHezekiya, waza ke yena wayifunda
wayithatha waya nayo endlwini kaNdikhoyo, wafika wayandlala phambi
koNdikhoyo.

15Wathandaza kuNdikhoyo, wathi:

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16“Ndikhoyo, Somandla-onke, Thixo kaSirayeli, wena osesihlalweni phakathi kwezithunywa ezimaphiko, nguwe kuphela onguThixo olawula zonke izikumkani zehlabathi. Wena walidala izulu kwanehlabathi.

17Kaloku ke, Ndikhoyo, khawubek' iindlebe uphulaphule. Vula amehlo akho ujonge, Ndikhoyo. Khawuweve onke la mazwi awathumeleyo uSenakeribhe, ethuka uThixo ophilayo.

18Ngenene, Ndikhoyo, ookumkani baseAsiriya bazibhuqa bazitshabalalisa ezi zizwe zonke kunye nemihlaba yazo.

19Oothixo bazo wabafaka emlilweni, wabatshabalalisa; kuba kakade babengethixo, koko yayiyimifanekiso eqingqwe zizandla zabantu ngomthi nangelitye.

20Ngoko ke ngoku, Ndikhoyo Thixo wethu, khawusihlangule kulo mfo, khon' ukuze zonke izikumkani zehlabathi ziqonde ukuba nguwe wedwa uNdikhoyo.”

UIsaya uxela ukuwa kukaSenakeribhe

(2 Kum 19:20-37)

21Ke uIsaya unyana ka-Amozi wathumela umyalezo kuHezekiya, esithi: “ UNdikhoyo uThixo kaSirayeli uthi: ‘Ndiwuvile umthandazo wakho mayela nokumkani waseAsiriya uSenakeribhe.’

22“Mayela naye ke uNdikhoyo uthi: ‘Okokwakho, wena Senakeribhe, isixeko iZiyon siyakugcolodela, isixeko iZiyon sihlekisa ngawe. Ewe, iJerusalem ihlunguzel' intloko xa ikubona wena uswantsula.

23Ngubani lo umngcikiva ngezinyeliso ezinje? Uba uthetha nabani, ukhwaza nje? Ngubani lo umjonge ngekratshi? Lowo ke nguYedwa kaSirayeli!

24Wena uthumele izigidimi, uNdikhoyo wamfumba ngezithuko; kaloku ugcolode wathi: “Mna ndinenyambalala yeenqwelo; ngazo ndiqabel' iintab' eziphakamileyo, loo malenga-lenga aseLebhanon. Ndiyigawule imisedare yayo emide naloo mipayini yayo ingayiwayo. De ndafikelela nasekudeni, nditsho esitsikolweni sehlathi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

25Ndimbe amaqula kumazwe eentlanga, ndaza ke ndasela amanzi khona.
Ndingqishe ngonyawo kuphela, ngazo zona ezi nyawo zam, zatsho zoma
zonk' iintlambo eJiputa.”

26“ ‘Ngaba awuzange uve na, ukuba le nto yamiselwa ndim, ukuba
sekuntsuku ndayicwangcisayo le nto yenzekayo namhlanje, ukuba wena
udilize izixeko ezinqatyisiweyo, uzivuthulule zitsho zibe ngamabhodlo?

27Abemi bazo baphelelwe ngamandla; bathe nkamalala, bayanyongoba. Nqwa
nomfino emasimini phaya ngathi zizithombo ezithukuzayo; ngathi yingc'
entshula phezu kwendlu, esuk' itshe ingakhulanga nokukhula.

28“ ‘Kambe ke ndikwazi kakuhle; ndikwazi ukusuka nokuhlala namagwevu
okundivukela kwakho.

29Kaloku wena uzimisele ukulwa nam. Ndivile nangokundinyelisa kwakho.
Ndiza kukuqhobosha impumlo, ndikufake umkhala emlonyeni, ndikubuyisele
aph' ubuvela khona.’

30“Nanku ke umqondiso wakho, Hezekiya: “ ‘Kulo nyaka uza kutya ummilela,
kowesibini utye ummilela wommilela, kowesithathu ke uhlwayele uvune,
utyale izidiliya, utye iziqhamo zazo.

31Ophinda ke amasalela endlu kaJuda amile; ewe, aya kuzinza, aqhelezele
yinkqubela.

32Kaloku amasalela ovela eJerusalem, lithi nyalulu kwintaba iZiyon iqela lâbo
babhungcileyo. UNdikhoyo onekhwele, nditsho uSomandla-onke, nguye oya
kuyenza loo nto.’

33“Ewe, uNdikhoyo uthethe ngolu hlobo mayela nokumkani waseAsiriya: “
‘Akasoze angene kwesi sixeko, engayi kudubula lutolo apha. Akasoze eze
phambi kwaso, engayi kusihlanganisela ngakhaka. Akasayi kwakha
asingqinge esi sixeko.

34Ewe, wobuya agoduke kwangendlela ebeze ngayo. Soze angene kwesi
sixeko! Nditshilo nje mna Ndikhoyo nditshilo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

35Ndiya kusihlanganisela esi sixeko; ewe, mna ndiya kusihlangula. Ngenxa yesidima segama lam, nangenxa yesicaka sam uDavide, yonke loo nto ndiya kuyenza.’ ”

36Ke kaloku isithunywa sikaNdikhoyo saya kumkhosi wama-Asiriya, safika sabulala ikhulu elinamashumi asibhozo anantlanu lamawaka amajoni. Bathe ke bakuvuka ngentsasa elandelayo bazibona izidumbu zithe gangalala!

37Ngoko ke uSenakeribhe, ukumkani waseAsiriya, wazichitha warhoxa, wabuyela eNiniva, wahlala khona.

38Ngamhla uthile ke uthe esanqula kwindlu yothixo wakhe uNiseroki, suka oonyana bakhe uAdrameleki noSharezere bamhlasela, bambulala ngekrele, baza ke babalekela kwelaseArarati. Ke uEsaradoni, omnye koonyana bakhe, wangena esikhundleni sakhe, wangukumkani.

UIsaya 38

Ukugula kukaHezekiya

(2 Kum 20:1-11; 2 Gan 32:24-26)

1Ngelo thuba ke ukumkani uHezekiya wahlabeka, waza wagulela ukungabikho. Umshumayeli uIsaya, unyana ka-Amozi, waya kumbona, waza wathi kuye: “ UNdikhoyo uthi: ‘Lungisa imicimbi yomzi wakho ime kakuhle, kuba uza kufa, awuzukuphila.’ ”

2Ke uHezekiya wasuka wafulathela, wajonga eludongeni, wathandaza kuNdikhoyo, wathi:

3“Khumbula kaloku, Ndikhoyo, ukuba oko ndakunqulayo ndikukhonza ngentembeko nokunyaniseka, ndaba soloko ndihamba ngokomyalelo wakho.” Suka ke wangqukruleka kabuhlungu.

4UNdikhoyo wayalela uIsaya ngelithi:

5“Xelela uHezekiya uthi: ‘Nali ilizwi elithethwa nguNdikhoyo uThixo kayihlo uDavide: Ndiwuvile umthandazo wakho, ndazibona neenyembezi zakho. Ndiza kubongeza ngeminyaka elishumi elinesihlanu ubomi bakho.

© 1996 Bible Society of South Africa.

6Futhi ndiza kukuhlangula wena kunye nesi sixeko kwisandla sokumkani waseAsiriya. Esi sixeko ndiza kusikhusela.’ ”

7UIsaya uqhube wathi: “Nanku umqondiso kaNdikhoyo ocacisa ukuba yena uya kwenza ngokwesithembiso sakhe:

8umthunzi welanga uza kuwuhlehlisa iinyawo ezilishumi, ubuye umva kulaa ndawo ukuyo kwisitupu sika-Ahazi.” Ngenene ke umthunzi welanga wahlehla iinyawo ezilishumi.

Umbongo kaHezekiya

9Ke kaloku akuphila uHezekiya, ukumkani wakwaJuda, wenza lo mbongo:

10“Phantse ndathi kanye xa ndiyindoda kwafuneka ndindwendwele kwelabafileyo, phofu ndingazukuphinda ndibuxhamle ubomi.

11Besendisithi soze ndibe sambona apha uNdikhoyo; besendimncamile kweli lizwe labaphilayo. Bendisithi ndahlukene noluntu mpela, kwanokuhamba-hamba kweli gada lomhlaba.

12Besendifana nephempe labelusi, ndisithi ubomi bam bunqanyulwe. Njengelaphu lomsonti nam phantse ndasongwa; imini nobusuku bendisithi kum iphelil' intw' ebithethwa.

13Bendizibamba ngeenkophe kude kuse; suka yena wandigramza njengengonyama. Imini nobusuku bendisithi kum iphelil' intw' ebithethwa.

14Ilizwi lam belinkwiniza ngokwenkonjane, ndiphatha kubhonga njengehobe. Amehlo ade aluzizi ndijonge phezulu. Khawulamle, Mhlekazi, ndafa!

15“Yaz'ba ndingathetha ndithini na kodwa? Kuba lo ngumlomo wakho; ewe, oku kukwenza kwakho. Maxa onke ndohlala ndidakumbile ngenxa yokudandatheka komoya wam.

16Ewe, Mhlekazi, kuphilwa ngolu hlobo; nomoya wam ngoku wanelisekile. Ndinyange nditsho ndibe ngumqaba-qaba, ngoko ke ndiphilele wena.

17Ubukrakra bube lusizo kum; undihlangule kubo bonke ububi, waza ke wazixolela nezono zam.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

18Akukho bani ukudumisayo engcwabeni; nokufa akumemeleli kukubonge.
Abafileyo abakholosanga nganto; abakunanzanga nokunyaniseka kwakho.

19Kanti ke abaphilayo ngabo abakudumisayo, njengokuba nam ndisenjenjalo
namhlanje; ooyise bona bagqithisela kubantwana, bebaxelela ngokunyaniseka
kwakho.

20Ewe, Ndikhoyo, undiphilisile. Ngoku ke songqungqa simemelele, sintyiloze
sitsho ngezentambula; siya kukudumisa endlwini yakho ngayo yonke imihla
yobomi bethu."

21Kaloku uIsaya wayeyalele wathi: "Ithumba elo libekeleni ngentlama
yomkhiwane, ukuze liphole, aphile umhlekazi."

22UHezekiya wabuza kuIsaya wathi: "Woba yintoni na umqondiso wokuba
ndophinda ndibe nako ukuya endlwini kaNdikhoyo?"

UIsaya 39

Izigidimi zaseBhabheli
(2 Kum 20:12-19)

1Ke kaloku ngelo xesha ukumkani waseBhabheli, uMerodaki-bhaladan
unyana kaBhaladan, weva ukuba ukumkani uHezekiya ubekhe wagula
wabuya wachacha. Ngoko wambhalela iileta, wazithumela ngezigidimi kunye
nesipho.

2Zifikile ke, uHezekiya wavuya, wazamkela, waza wazibonisa konke
okwakukoovimba bakhe: isiliva, igolide, ubulawu, neziqholo, ngokunjalo
nazo zonke izikrweqe zomkhosi. Wazingenisa kubo bonke oovimba bakhe,
akwabikho nto zingayibonanga apho ebhotwe nakubukumkani bakhe
buphela.

3 Umshumayeli uIsaya ke waya kukumkani uHezekiya, wafika wabuza wathi:
"La madoda ebevela phi, efuna ntoni khona?" UHezekiya uphendule wathi:
"Aphuma kwelikude, eBhabheli, esiza kum."

© 1996 Bible Society of South Africa.

4“Ngaba kukho nto ayibonileyo ke apha komkhulu?” ubuzile umshumayeli. UHezekile uphendule ngelithi: “Akukho nto angayibonanga. Ndiwangenise kubo bonke oovimba bam.”

5Waza ke uIsaya wathi kuHezekiya: “Nali ke ilizwi likaNdikhoyo onamandla onke:

6‘Ngenene kuza ithuba apho yonke into elapha komkhulu nalo lonke ilifa elashiywa ngooyihlo ukuza kuthi gaa namhlanje, liya kuthinjwa, lifuduselwe eBhabheli.’ Ewe, uNdikhoyo uthi akukho nto iya kusala.

7Abanye kubazukulwana besinqe sakho kanye baya kuthinjwa, baze benziwe amathenwa, babe zizicaka kwibhotwe lokumkani waseBhabheli.”

8“Eli lizwi likaNdikhoyo ulithethayo lifanelekile,” uphendule watsho uHezekiya. Kaloku wayesithi: “Noko kuya kubakho inzolo nokhuseleko ngemihla yokudla kwam ubomi.”

UIsaya 40

Iindaba zovuyo

1“Thuthuzelani, bathuthuzeleni abantu bam,” utsho kaloku uThixo wenu.

2“Thethani kakuhle neJerusalem; dandulukani niyixelele ukuba umzabalazo wayo ufezekile. Kaloku izono zayo zixolelwe; uNdikhoyo uyibonelele ngaphezu kunobugwenxa bayo.”

3Nâlo ilizwi lidanduluka lisithi: “UNdikhoyo mhlahleleni indlela entlango; uThixo wethu mgeceleni uhola kwelibharhileyo.

4Zonke izigingqi mazidityelelwe, iintaba neenduli zidilizwe zibe ngamathafa, ke zona izixhobo zigqalwe zibe ziintili, amageduka aletyelwe abe zizithabazi.

5Ke ubungangamsha bukaNdikhoyo buya kutyhileka, lonke uluntu lububone. Kaloku lowo ngumlomo kaNdikhoyo.”

6Ndeva ilizwi lisithi: “Suka udanduluke uthethe.” Ndibuze ndathi: “Ndithethe ndithini na?” “Yithi: ‘Bonke abantu banjengengca; ubomi babo bulingana nobeentyatyambo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

7Kaloku ingca iyabuna, ivuthuluke intyatyambo yakubethwa ngumoya kaNdikhoyo. Ngenene uluntu nqwa nengca.

8Ingca iyatshaza, yona ke intyatyambo ibune, ke lona ilizwi loThixo wethu lohlala lihleli.' "

9Phakama unyukele entabeni, wena Ziyon, sigidimi seendaba ezimnandi. Danduluka umemeze, wena Jerusalem, mvakalisi weendaba ezimnandi. Sukoyika, danduluka umemeze. Yithi kwiidolophu zelakwaJuda: "Nanko ke uThixo wenu."

10Kaloku iNkosi uNdikhoyo iza ngokomelela; iya kutsho ngolawulo olungqongqo. Kananjalo iphethe neziqhamo zomsebenzi wayo; ewe, ihamba nebuyambo lemigudu yayo.

11Yona njengomalusi iyawulondoloza umhlambi; amatakane iwaqokelela iwafunqule, ke zona ezanyisayo izithundeze.

12Ngubani okhe alinganise amanzi ngethende lesandla, okanye olinganisa isibhakabhaka ngesandla? Mlinganiselo mni ongavalela uthuli lomhlaba, isisiphi isikali sokulinganisa iinduli neentaba?

13Ngubani ongaze amazi ncam uNdikhoyo, ingubani khona omcebisayo?

14Kakade uThixo lo ubhenela kubani, ingubani ongamfundisa okusesikweni? Ngubani ke omphokozela ulwazi, aze ambonise indlela yobulumko?

15Ngenene izizwe zifana nethontsi lamanzi ethungeni, nqwa nothuli azivakali nasesikalini; neziqithi ngokukwanjalo.

16Amahlathi aseLebhanon akawanele umlilo, neenyamakazi zakhona azilanele idini elitshiswayo.

17Izizwe zonke azinto kuThixo; yena akazazele nto konke-konke.

18Angalinganiswa nabani na uThixo? Khona, angafanekiswa nantoni?

19Akafani nomfanekiso oqingqwa yingcibi, uze utyatyekwe ngegolide ngumnyibilikisi, uhonjiswe ngamakhonkco esiliva.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

20Ihlwempu elingenasiliva nagolide lithatha umthi ongàdliwayo yimpehla, lifune ichule lomchweli, lona loqingqa umfanekiso ongashukumiyo.

21Ngaba anazi na? Ngaba zange nive na? Zange nixelelwe na kwamandulo? Anikuqaphelanga ukusekwa kwehlabathi?

22Kaloku ladalwa ngulo ungqendeve esihlalweni emajukujukwini ngaphaya kwesibhakabhaka; kuye uluntu olu lunjengentothoviyane. Ngumtwabululi-sibhakabhaka njengomkhusane, asaneke njengentente yokuhlala.

23Iinkosi uzitsho zigqush' eluthulini, izithwala-ndwe azivuthulule zingabi nto yanto.

24Zithi zingekatyalwa nokutyalwa, ewe, zingekamili nokumila oku, suka azibhudle ngomoya zibune, isaqhwithi simke nazo njengomququ.

25“Ngubani ke eningandilinganisa naye, ingubani endingade ndifane naye?” Uyabuza uThixo onguYedwa.

26Khawujonge phezulu esibhakabhakeni; zidalwe ngubani ezi zinto? Lo uzikhokela njengomkhosi iinkwenkwezi yena uyalazi nenani lazo. Uzibiza ngamagama zonke ngazinye; ewe, akanganganto amandla akhe, ngoko akunakulahleka nob' ibe nye.

27Ngani ke, Yakobi, ukuba ukhalaze, nditsho wena, Sirayeli, ukuba uthi: “UNdikhoyo akabuqondi ubume bam; uThixo wam akandazeleleli nganto”?

28Kanti ngaba awazi na? Ngaba zange uve na? UNdikhoyo nguThixo onguSonini-nanini; yena ngumdali wehlabathi jikelele. Yena soze adinwe atyhafe, nengqiqo yakhe ayiphengululeki.

29Yena ngumhlaziyi wâbo batyhafileyo, umomelezi wâbo bangenamandla.

30Kanti ke nolutsha luyadinwa lutyhafe, abafana bakhubeke bawe,

31kambe ke bona abakholosa ngoNdikhoyo bosuka bahlaziyeke bomelele. Bosuka bantinge baxel' ukhozi; noba sebebaleka, soze badinwe; ewe, baya kuhamba bangaze batyhafe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

UIsaya 41

Iqhaji lasempumalanga

1“Yithini cwaka niphulaphule, ziqith' ezikude; lungelani ukuxoxa, nina zizwe.
Sondelani nizithethelele; yizani ke sihlangane, sinik' isigwebo.

2“Ngubani lo uqhway' iqhaji empumalanga, lo ulinik' indwe konke nje
jikelele? Nguban' olenza loyis' izizwe nezikumkani, omkhonto wakh' uzenza
zifane nothuli? Iintolo zakhe zibatsho bathi saa, basarhake okomququ
emoyeni.

3Libasukelisa libaleqe lula nje. Asimendu! Ntaka yakwabani!

4Yaz'ba ngubani na umphembi wale ntlekele? Ngubani owasimiselayo esi
sishiqi? Mna Ndikhoyo, yaba ndim kwasekuqaleni; ewe, yoba isendim
nasekugqibeleni.”

5Iziqith' ezikude nazo zibonile; ewe, iziphelo zomhlaba zitsho zarhwaqela
zangcangcazela. Nâzo ziqokelelana zisiza.

6Ziyancedana esinye nesinye; ewe, zikhuthazana ngelithi: “Yomelelani!”

7Umchweli ukhuthaza umnyibilikisi, nàlo ugudisa umfanekiso ukhuthaza lo
uwudibanisayo. Uthi: “Hayi, ngunonca!” Batsho babethelele isikhonkwane,
uqine nkqi umfanekiso.

Umkhuseli kaSirayeli

8“Ke wena, sicaka sam Sirayeli, nditsho wena, ndlu kaYakobi, wena
uluhlanga endilunyulileyo, uyinzala yesihlobo sam uAbraham.

9Ndakulanda eziphelweni zehlabathi, ndakubiza kwiindawo ezisekudeni,
ndaza ndathi: ‘Usisicaka sam.’ Andikubukulanga; ndakunyula.

10Ngoko ke ndinawe, sukoyika; ndinguThixo wakho, sukuphakuzela. Ndiza
kukomeleza ndikusize, amandla am asindisayo akuxhase akukhusele.

11“Ke bona abo bakusunduzayo baya kuhlaziswa; ewe, abakulwayo soze babe
nto.

© 1996 Bible Society of South Africa.

12Iintshaba zakho uya kuzifuna, kambe ke sobe uzifumane. Abalwa nawe
bophel' emehlweni.

13Mna ndinguNdikhoyo, uThixo wakho; ndokugcina ndikomeleze, ndithi
kuwe: ‘Sukuphaphazela, ndiza kukunceda.’

14“Ewe, mna Ndikhoyo ndithi: ‘Ubuthathak' unjalo, Yakobi, nimbalwa
ninjalo, Sirayeli, kodwa sukoyika, ndiza kukusiza. Mna Yedwa, Thixo
kaSirayeli, ndim okukhululayo.’

15Ndokutsh' ube ngathi usisileyi sokubhula esinangayiway' amazinyo
amatsha. Wozicol' iintaba uzivuthulule, iinduli uzicole zibe luthuli.

16Uya kuzijiwuza emoyeni, ke won' umoya uzitsho ziphephetheke;
uqhwithelo lozithatha lumke nazo. Ke wena utsho wonwatyiswe
nguNdikhoyo, undidumise mna Yedwa kaSirayeli.

17“Abahlelelekileyo bam bofuna amanzi bancame; sebekhothekile bona
lunxano. Ke mna Ndikhoyo ndosisabela isikhalo sabo – mna Thixo kaSirayeli
soze ndibalahle.

18Ndogqabhuz' imilambo emqwebedini, kutsho kumpompoz' imithomb'
ezintilini, intlango ndiyijike ibe yimigxobhozo, umqwebedu utsho
unkcenkcez' amanzi.

19Entlango kokhul' imisedare, ibe ngumngampunzi, umnquma, nemetile.
Elibharhileyo lokhula ipayini, isipresi, nomgalagala.

20Boyibona abantu le nto baqonde, baqaphele bazi, bathi nguNdikhoyo lo
uyenzileyo. Ewe ngenene, botsho baqonde ukuba oku kudalwe nguYedwa
kaSirayeli.”

Umngeni kwimifanekiso eqingqiweyo

21“Nina zithixo zeentlanga, ethe ubungqina benu;” utsho uNdikhoyo. Ewe,
uKumkani kaSirayeli uthi: “Khaniyibeke apha ingxoxo yenu, sive.

22Yizani kaloku, xelani izinto ezizayo; chazelan' inkundla iziganeko
zamandulo; ewe, zichazeni nentsingiselo yazo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

23Khanisixelele ngekamva kaloku; khona nathi sotsho sithi ningoothixo.
Yenzani noba yentle okanye ebuhlungu; nathi sitsho sirhwaqele, soyike.

24Okokwenu nina niyinkunkuma, nemisebenzi yenu yimfitshi-mfitshi.
Bangamasikizi abo banichongayo.

25“Ke mna ndixhokonxe umfo wasentla; uyeza – ondihloniphayo nanko evela
empumalanga. Iziphathamandla uzixovula ngathi ludongwe, ngathi
ngumbumbi exonxa udongwe.

26Le nto ngubani oyazise kwantlandlolo kuni, owasilumkisayo ukuze
siningqinele? Akukho namnye wakha wayixela, engekho nowakha wayithi
thupha.

27Ndim mna kuqala owayixelelayo iZiyon, ndathi: ‘Nâbo besiza.’ Ndathumela
isigidimi eJerusalem, umvakalisi weendaba ezimnandi.

28Ndakuzikhangela ke izithixo ezo zonke ndifika zisik' umlomo, kungekho
nasinye sinako ukundiphendula.

29Zonke ziyimfeketho nje. Hayi, azinakwenza nto mpela-mpela;
ngamabhetye-bhetye nje emifanekiso.”

UIsaya 42

Isicaka sikaNdikhoyo

1 UNdikhoyo uThixo uthethe wathi: “Nasi isicaka sam endisixhasayo. Yena
ngumnyulwa wam ondikholisayo; ndimthe jize ngoMoya wam, izizwe zonk'
uziphakel' ubulungisa.

2Yena akakhwazi amemeze; hayi, akadanduluki ezitalatweni.

3Ingcongolo ecekethekileyo soze ayaphule, nesibane esilozisayo soze asicime,
koko uphak' ubulungisa ngokunyaniseka.

4Yena ke soze atyhafe adangale, de aphak' ubulungisa ehlabathini; nezizw'
ezikude zilindel' umthetho wakhe.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Nalu udaba lukaThixo uNdikhoyo, umdali owatwabulula amazulu; nguye owalaneka ihlabathi nako konk' okwalo; abemi balo wabaphakel' ubomi, abantu balo wabanik' ukuphefumla:

6“Mna Ndikhoyo ndikubizile; ewe, ndingothembekileyo. Kaloku ndosoloko ndinawe, ndikulondoloze, ndikwenze umnqophiso nabantu bam, ube kukukhanya ezizweni.

7Wena uza kuvula amehlo eemfama; nguwe oza kukhulula amabanjwa; nguwe oza kuvula intolongo emnyama.

8“Mna ndinguNdikhoyo – igama lam ncakasana. Ubungangamsha bam andinikisi ngabo; udumo lwam aluzuzwa yimifanekiso enqulwayo.

9Zinto endazixelayo zenzekile, futhi nezintsha ngoku ndiyazibhengeza; ewe, ndizixela zingekathungululi.”

Ingoma yokudumisa uNdikhoyo

10Ntyilozani niculele uNdikhoyo ingoma entsha. Malimdumise limbonge ihlabathi jikelele; nditsho nani nonke abahamba phezu kolwandle. Mazingathi cwaka nezilwanyana zolwandle; nezikud' izizwe mazibonge zibongisele.

11Mayidumise nentlango nezixeko zayo; nabaseKedare mabadumise uThixo; nabaseSela mabamemelele ngemincili; ewe, mabamemeze naphezu kweentaba.

12Nabo bemi kwizizwe ezikude mabamdumise uNdikhoyo.

13UNdikhoyo yena ufunza njengegorha; yena selequle wada waligangatha. Nankw' esitsho ngentlaba-mkhosi, nto leyo idiza ukutshatshela kwakhe.

UThixo uthembisa ngoncedo

14 UNdikhoyo uthethe wathi: “Kaloku sekumzuzu ndithe cwaka; suka ndadl' imu ndazibamba. Ngoku ke okomfazi osikwa yinimba ndozibhija-bhija ndide ndibhonge.

© 1996 Bible Society of South Africa.

15Iinduli neentaba ndosuka ndizibhulule, okwakuyingca nemithi ndikomise.
Imilambo ndoyibharhisa yome khonkqo, imigxobhozo nezadunge zitshe
khothe.

16Iimfama ndozihambisa ngeendlela ezingazaziyo; ewe, ndozikhokela
ngomendo ongaqhelekanga. Kubo ubumnyama ndobujika bube kukukhanya;
iingxondorha zojika zibe ngamathafa. Ezo zinto ndiya kuzenza; futhi ke soze
ndizityeshele konke.

17Ke bona abakholosa ngemifanekiso, abo bayinqulayo besithi: ‘ Ningoothixo
bethu,’ ngenene baya kuphoxeka bahlazeke.”

Ubumfama nokungeva kukaSirayeli

18 UNdikhoyo uthethe wathi: “Khaniphulaphule ke, nani zithulu; khangelani
nibone, nani zimfama.

19Kakade ngubani oyimfama kunesicaka sam? Sithulu saphi esidlula isigidimi
sam? Ngubani oyimfama okwalowo ungowam; nditsho oyimfama
njengesicaka sikaNdikhoyo?

20Ewe, ubonile kambe, Sirayeli; nto nje ayikuncedanga nto loo nto; uvile
kambe nangeendlebe zakho, kodwa suka awaphulaphula.”

21UNdikhoyo othembekileyo yena ulangazelel' ukunceda; imfundiso yakhe
uyayiqaqambisa.

22Kambe ke aba bantu zizisulu zokuxhatshazwa; sebatshixelwa kwamnyama-
ndawo, bade baya kufihlwa ezintolongweni. Ziindwayi ezingamaxhob'
ukuxhatshazwa; ziintw' ezingenabani wakuzihlangula. Akakho othi:
“Godukani ngoku.”

23Yaz'ba ngubani na ozimiseleyo ukuphulaphula ukuze aqonde kwixa elizayo?

24Nguban' ophise ngoYakobi kubaphangi, onikele ngoSirayeli kubaxhaphazi?
IkwanguNdikhoyo lo sikreqe kuye, sisuke asahamba ngendlela yakhe, suka
asaphulaphula simthobele.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

25Suka ke wavulela umsindo wakhe, ukuze thina sidad' emfazweni. Utsho
ngomsind' odangazelayo, koko uSirayeli tu ukuqonda; suka wavaleka mpela-
mpela, akahoya nokuhoya.

UIsaya 43

UThixo uthembisa ukukhulula abantu bakhe

1Ngoku ke uNdikhoyo, umdali wakho, Yakobi, nombumbi wakho, Sirayeli,
uthi: “Uze ungaxhali wena, ndikuhlawulele; ndikubize ngegama, ungowam
ncakasana.

2Noba sewucand' emanzini, mna ndiya kuba nawe; noba sowuwela imilambo,
ayisoze ibe nako ukukukhukulisa; nditsho sowucand' emlilweni, soze
urhawuke; amadangatye akanakukutshisa wena.

3Kaloku mna Ndikhoyo ndinguThixo wakho, uYedwa kaSirayeli, uMhlanguli
wakho. Ndinikezela ngeJiputa ukukuhlawulela; iKushe neSebha zothath'
indawo yakho.

4Kum uxabisekile ke kambe; yeka elo wonga, andikuthandi ngako! Ndincam'
izizwe ngenxa yakho; ndinikezel' iintlanga, ndizuze wena.

5Uze ungaxhali, ndinawe mna; inzala yakho ndoyiqokelela empumalanga,
nina ndiniphuthume nasentshonalanga.

6Kwelasentla ndothi: ‘Bakhulule bagoduke,’ kwelasezantsi ndithi:
‘Ungabathinteli.’ Oonyana bam babuyise kwelikude, neentombi zam
eziphelweni zehlabathi,

7nditsho wonke umntu obizwa ngegama lam, wonke endamdalela udumo
lwam, wonke endambumbayo ndamenza.”

8Yiza nâbo bantu bangaboniyo benamehlo, uze nâbo bangaphulaphuliyo
beneendlebe.

9Zibizeni zonke izizwe; mazihlanganisane iintlanga. Koothixo bazo nguwuphi
owayixelayo le nto yenzekayo namhlanje, wasazisa nangezinto ezenzeke

© 1996 Bible Society of South Africa.

mandulo? Ewe, mazize nawazo amangqina, khon' ukuze abevayo bathi: “Axel' inyaniso.”

10“Ke nina ningamangqina am,” utsho uNdikhoyo, “izicaka zam endazinyulayo, ukuze nindazi nikholose ngam, niqonde ukuba ndinguye endinguye. Ngaphambi kwam akukhange kubekho thixo; ewe, yaye engasoze abekho.

11Mna ndim uNdikhoyo, ndim ndedwa ohlangulayo.

12Mna andingothixo wasemzini kuni. Kaloku ndaxela, ndahlangula, ndavakalisa. Nina ngokwenu ningamangqina am ukuba ndinguThixo,” utsho uNdikhoyo.

13“Ewe, bendingokhoyo kwamandulo; akukho kuphuncuka esandleni sam; endikwenzayo akujikwa mntu.”

UThixo uvelisa into entsha

14 UNdikhoyo uMkhululi wenu, yena uYedwa kaSirayeli, uthi: “Ngenxa yenu ndothumela eBhabheli, atsho amaKaledi asabe ngezo nqanawa zawo zeqhayiya.

15Mna ndinguNdikhoyo, uYedwa wenu, uMdali noKumkani wakho, Sirayeli.”

16Utsho uNdikhoyo, umavul' indlela enqumla elwandle, nditsho indlela ecanda kumsinga olephuzayo;

17umkhosi wamagorha wawurholela enzonzobileni, uwonke nje iinqwelo namahashe; wafadalala, soze uphinde uthini, wafuthaniselwa mpela njengekhandlela:

18“Kambe ke sanukubambelela kwisiganeko sezolo; hayi bo, sanukunokoza ezamandulo.

19Khangelani ke, ngoku ndenza entsha; ewe, seyisenzeka, nani niyayibona. Ndiza kuvul' indlela enkangala, kutsho kuqukuqele imilambo entlango.

© 1996 Bible Society of South Africa.

20Neenyamakazi ngokwazo zondihlonela, oodyakalashe neenciniba zindincome, xa sendimpompozis' amanz' entlango, kubalek' imilambo enkangala, khon' ukuze lusel' usapho lwam, nditsho usapho olukhethiweyo,

21bantu abo ke ndazidalelayo, khon' ukuze bandidumise.”

Isono sikaSirayeli

22 UNdikhoyo uthi: “Suka ke wena, Yakobi, akwandinqula; ewe, suka akwaziduba ngam, wena Sirayeli.

23Akuwenzelanga mna amadini atshiswayo; ewe, akundiwonganga ngeminikelo. Phofu akuxhanyulwanga ndim ngamadini; andikukhathazanga nangaziqhumiso.

24Akundenzelanga siqhumiso sivumba limnandi, ungandanelisanga nangamanqatha ezilwanyana; suka wandisinda ngezono zakho, wandikruqula ngemikhuba oyenzayo.

25“Ukanti mna ndim ozisusayo izono zakho. Ndenjenjalo ngenxa yesidima sam; ukundivukela kwakho sobe ndibe sakukhumbula.

26Yiza ke undimangalele; yiza kaloku sixoxe, ukuze kucace onetyala.

27Kaloku ukhokho wenu wôna, neenkokheli zenu zandivukela.

28Mna ndozihlazisa izithwala-ndwe zesibingelelo senu, ngoko ke uYakobi ndomzisela intshabalalo; ewe, amaSirayeli ndiwayekele abe sisigculelo.”

UIsaya 44

UNdikhoyo kuphela koThixo

1“Phulaphula, Yakobi sicaka sam, wena Sirayeli endimnyulileyo,

2uthi uNdikhoyo, umenzi wakho owakubumba esizalweni, yena owahlala ekunceda: Ungabi naxhala, Yakobi sicaka sam; ungumnyulwa wam endimthandayo.

3Ndowuphokozel' amanzi umhlaba onxaniweyo, kuqukuqele imilambo enkangala, inzala yakho ndiyithululele uMoya wam, intsikelelo yam ifukame phezu kwayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Iya kuhluma njengengca eludadeni, njengemingcunube phezu komlambo.

5Uthile wothi: ‘NdingokaNdikhoyo;’ omnye azibandakanye nendlu kaYakobi; wumbi agximfizwe ‘Ndikhoyo’ esandleni, naye azibize ngokuba ngumSirayeli.”

6UNdikhoyo uKumkani kaSirayeli noMkhululi wakhe, nditsho uSomandla-onke, uthi: “Ndingowokuqala; ndikwangowokugqibela; akukho Thixo wumbi ngaphandle kwam.

7Kakade ngubani onjengam? Makavele! Makakuvakalise kaloku okwênzekáyo okoko ndamisela abantu bam mandulo. Makazixele iziganeko ezizayo; ewe, makazixele!

8Sanukuphakuzela, musan' ukuxhalaba; kaloku ndatsho kwamandulo, unangoku ke. Kambe nina ningamangqina am. Ngaba kukho Thixo wumbi na? Ngaba likho na elinye iXhadi? Unotshe! Mna andizange ndilibone.”

Imifanekiso eqingqiweyo yimfeketho

9Akanto yanto umntu oqingqa umfanekiso; naloo mfanekiso azidla ngawo yimfeketho. Abo bayithelelayo ziimfama; abaliqondi ihlazo labo.

10Kunceda ntoni ukuqingqa umfanekiso uwenze uthixo?

11Wonke umntu owenza loo nto uhlazekile. Andithi na kaloku le mifanekiso iqingqwa ngabantu? Mabeze enkundleni kaloku, uya kubona bosuka barhwaqele – abakho lihlazo.

12Umkhandi uthatha ubhedu, alusebenze ngomlilo. Ngezo zigalo zakhe uthatha isando, alukhande elulungisa. Esasebenza njalo uyanxanwa, uyalamba, uyadinwa, yonke loo nto.

13Kanti ke umchweli uyawulinganisa umthi. Uzoba loo nto afuna ukuyenza ngetshokhwe; usebenzisa izixhobo zakhe ewukrola, aze ke akhuphe into efana nomntu (inzwana yomfo) ayithathe ayifake endlwini.

© 1996 Bible Society of South Africa.

14Ehlathini phaya uthatha nawuphi na umthi; ingangumsedare, um-oki, okanye ipayini. Kanti usengatyala nawuphi na umthi, awulinde ukhuliswe yimvula.

15Inxalenye yomthi umntu uyayithatha abase enze umlilo, aze kwangaloo mthi enze umfanekiso awunqule. Ewe, wotha umlilo awubase ngomthi; aze kwalapho apheke isonka atye; kanti ngenxalenye yaloo mthi uza kwenza umfanekiso, awunqule esithi nguthixo.

16Kwangaloo mthi uyabasa, ose inyama, atye ade adikwe. Ewe, wotha umlilo ade ancome athi: “Kutsho kwamnandi; kufudumele.”

17Kanti ke oseleyo umthi uza kweza umfanekiso ngawo, ajike akhahlele kuwo. Uzibika kuwo athi: “Nceda undihlangule, thixo wam!”

18Abantu abanjalo ke zizititsi ezingayaziyo into eziyenzayo. Amehlo nengqondo yabo ivaleke mba; abayazi inyaniso.

19Umntu oqingqa umfanekiso aze awunqule uncitheke kangangokuba angabi nabuganga bakuthi: “Ikwangulo mthi lo ndiwubasayo ndipheke ngawo, ndize ngokunjalo ndose inyama ndiyitye. Ndingathini ukwenza kwangawo intw' enezothe, ndize ndikhahlele isikhuni somthi?”

20Ufana nomntu otya uthuthu. Ubhanxeke mpela; ngoku uyaphuphutheka, futhi akukho buyambo. Kaloku akavumi ukuba le nto ayiphetheyo ngamampunge.

UNdikhoyo nguMdali noMkhululi

21Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Zikhumbule ezi zinto kaloku, Yakobi; kaloku wena usisicaka sam, Sirayeli. Ndakudalela ukuba ube sisicaka sam; ndaye ke andisoze ndikulibale.

22Ukundivukela kwakho ndikuphuthisile; isono sakho sithe shwaka okwenkungu. Buyela kum; ndim umkhululi wakho.”

23Memelelani ngemihlali, mazulu; mazidume kaloku neenzonzobila. Ngqungqani nisine, nani zintaba, ningqiyaze nani, mithi yamahlathi. Kaloku

© 1996 Bible Society of South Africa.

uNdikhoyo uzibonakalisile; ewe, ukukhulule, wena Yakobi; utyhile amandla akhe ngawe, Sirayeli.

24UMkhululi wakho uNdikhoyo uyathetha; yena owakubumbayo kwasesizalweni uthi: “NdinguNdikhoyo uMenzi weento zonke; ndim owawatwabululayo amazulu, ikwandim owawolulayo umhlaba; ewe, zange ndincedwe bani.

25Mna ndizitsho zibhanxeke izanuse, ndidlale ngabo ke oosiyazi; ubuciko bezilumko ndiyabutshitshisa, butsho budule ubutyhakala bazo.

26Ndiyaluphumelelisa udaba lwezicaka zam, ndizifezekise izihlabo zabathunywa bam. IJerusalem ndithi isaza kumiwa, iidolophu zakwaJuda zibuye zakhiwe, kuvuke izixeko kuloo mabhodlo.

27Mna ndithetha ngezwi kuphela neelwandle zitsho zome khonkqo.

28Ke kuKoreshi ndithi: ‘Nguwe oza kundalusela; nguwe oza kufezekisa icebo lam. Wena uya kuyalela uthi: “Mayakhiwe iJerusalem.” Malunga nendlu kaThixo uya kuthi: “Mazimiswe iziseko zayo.” ’ ”

UIsaya 45

Ukumiselwa kukaKoreshi

1Wenjenje uNdikhoyo ukuthetha nomthanjiswa wakhe uKoreshi, amthe jize ngegunya namandla oloyiso jikelele, khon' ukuze avuthulule ookumkani, avulelwe zonke iingcango, angathintelwa ngamasango esixeko:

2“Ndim ngokwam oya kukutshayelela; iinduli neentaba ndosuka ndizilebele, amasango enziwe ngobhedu ndiwakroboze, nemivalo yentsimbi ndiyivuthulule.

3Ndokunika ubutyebi obunqatyisiweyo; ewe, obugcinwe kwiindawo ezifihlakeleyo. Uya kutsho uqonde ukuba ndinguNdikhoyo uThixo kaSirayeli; ngenene ndim okubize ngegama.

4Ngenxa yesicaka sam uYakobi, nditsho uSirayeli endimnyulileyo, ndikubize ngegama, ndakuthi jize ngesihomo nesithozela, nangona wena ungandazi nje.

© 1996 Bible Society of South Africa.

5“Ndim uNdikhoyo; akukho Thixo wumbi. Ndiya kukuxhobisa utsho uqine
nangona wena ungandazi.

6Le nto ndoyenza ukuze baqonde bonke, bazi emhlabeni wonke jikelele,
baqonde ukuba mna ndinguNdikhoyo, bazi ukuba akukho Thixo wumbi.

7Ndikudalile ukukhanya, kanti ke nobumnyama; ivela kum impumelelo,
ngokunjalo neshwangusha; ndim mna Ndikhoyo ozenzayo ezi zinto.

8Ndokuthobela ulungelelwano lune njengemvula, ke wona umhlaba uya
kulwamkela kutsho kuthi qhakra inkululeko nobulungisa. Ndim mna
Ndikhoyo unobangela wezi zinto.”

NguNdikhoyo kuphela iNkosi

9Mawoo kulowo uphikisana noMenzi wakhe! Imbiza nje yomdongwe
ingathini ukusuka iphikisane nombumbi wayo? Ungathini umdongwe ukuthi
kumbumbi: “Wenza ntoni kodwa?” Ingakhalaza na imbiza ithi: “Uliqhithala,
mbumbindini”?

10Umntwana angamkhalazela na uyise nonina, athi: “Nindizalele ntoni?”

11 UNdikhoyo, uThixo oYedwa kaSirayeli, umdali wakhe, uthi: “Ningathini na
ukunditheth isa ngekamva, nindinkqangise ngabantwana bam, nide
nindixelele ngemfanelo yam?

12Ndim owalenzayo ihlabathi; ndim owadala uluntu kulo; ngezam izandla
ndawatwabulula amazulu; ndiyayilawula inyambalala yawo.

13Ngobulungisa bam ndim oxhokonxe uKoreshi; ndoyityeneneza indlela
ayihambayo. Isixeko sam iJerusalem wobuya asivuse; uza kubakhulula
abantu bam abathinjiweyo. Loo nto woyenza ngaphandle kwembuyekezo;
kaloku uthethile uNdikhoyo uSomandla-onke.”

14KuSirayeli utsho uNdikhoyo ukuthi: “Ubutyebi beJiputa neKushe bobákhó,
iingxilimbela zaseSebha ngamakhoboka akho. Zona ziza kulandela
zikhonxiwe; zokhahlela kuwe zivuma zisithi: ‘Nini kuphela abanoThixo;
akukho wumbi.’ ”

© 1996 Bible Society of South Africa.

15Thixo kaSirayeli, uyabahlangula abantu bakho; wena unguThixo ofihlakeleyo.

16Abaqingqi bemifanekiso basehlazweni; ngenene ke bona bonyoshoza bephoxekile.

17Ke yena uSirayeli wahlangulwa nguNdikhoyo; olwakhe usindiso lohlala luhleli; yena akasoze ahlazeke aphoxeke nanini nanini.

18UNdikhoyo nguye umdali wamazulu; ngenene nguye oyena-yena Thixo. Ihlabathi eli labunjwa nguye; walenza waza walizinzisa. Akalenzanga laba ngumqwebedu obharhileyo; walenzela ukuze limiwe luluntu. Yena ke uthi: “Ndim uNdikhoyo; akukho Thixo wumbi.

19Ewe, mna andithethanga ekusitheleni, nenjongo yam andizange ndiyifihle. Mna andiyixhamlanga indlu kaYakobi, ndingatshongo nokuba mayindifune enkqantosini. NdinguNdikhoyo; mna ndiyayithetha inyaniso, mna ndiyakuvakalisa oko kuqinisekileyo.

20“Qokelelanani, nonke zizwe; nditsho nina, mingqandanda esindileyo. Yizani kaloku nizokuxoxa, bantundini bazizityhakala ezingazi nto, nina batyethe imifanekiso yomthi, nina banqula oothixo abangento yanto.

21Yizani kuxoxa enkundleni; mabathetha-thethane abamangalelwa. Ngubani owayixela kwamandulo le nto? Ngubani owayivakalisa ingekenzeki? Asindim na Ndikhoyo? NdinguThixo osindisayo, olilungisa; ngaphandle kwam akukho Thixo.

22“Khangelani kum nisindiswe, nina zizwe zehlabathi liphela. Kaloku ndim uThixo, akukho wumbi.

23Ngenene ndiyafunga, yaye esam isifungo sinyanisekile; ewe, sona soze siguquke: Zonk' iintlanga zokhahlela kum, zifunge ukuba zondithobela.

24Zovuma zithi: ‘KukuNdikhoyo kuphela ukuzuzwa kosindiso namandla.’ ” Ke bona abamthiyileyo bohlazeka.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

25Kodwa ngenxa kaNdikhoyo yonk' inzala kaSirayeli yogwetyelwa ize imdumise.

UIsaya 46

Izithixo zeBhabheli

1“Namhlanje uBhele uthotyiwe; uNebho uwe bhaxa! Oothixo ebenikade nijikeleza nabo namhlanje batyabula imiqolo yezilwanyana. Ngenene baluxanduva lomthwalo.

2Nâzo izilwanyana zisiwa zivuka. Akukho kusinda kuzo; zithinjwa kunye nomthwalo wazo.

3“I-i-i-nzwi ke wena, ndlu kaYakobi! Ndiphulaphuleni nina masalela endlu kaSirayeli, nina endanixhasa kwasekukhawulweni kwenu, ndaza ndanisingatha kwasekuzalweni kwenu.

4Noda niguge nibe ziingwevu mna ndisengulowo unixhasayo. Nenziwa ndim, ngoko ke ndonisingatha; ewe, ndonigcina ndinihlangule.

5“Kodwa-kodwa ndolinganiswa nabani? Ngubani na onjengam endinokufaniswa naye?

6Abantu bakhupha igolide engxoweni, isiliva bayilinganisa esikalini, basuke baqeshe ingcibi, ibenzele uthixo; kamva ke basuka bee guqaqa bamnqule.

7Bambeka emagxeni, bamtyathe; bambeke endaweni yakhe, eme bhuxe. Kaloku yena lutiniko olungashukumiyo. Udl' imu noba umntu uyazibika kuye; akakwazi kuhlangula mntu ezingxakini.

8“Khumbulani le nto nizikise; khaniyiguqu-guqule, nina bavukeli.

9Khanikhumbule iziganeko zamandulo, nivume ukuba mna ndinguThixo; ewe, akukho thixo ufana nam.

10Isiphelo ndasixela kwasekuqaleni; kwamandulo ndazivakalisa izinto ezizayo. Ndatsho ukuba icebo lam soze liwe, koko ndokufezekisa oko ndikumisileyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Mna ndibize umfo empumalanga; sisitshu esiya kurhiwula njengokhetshe.
Yena woyifezekisa yonke injongo yam; njengoko ndithethile kuya kuba njalo
kanye.

12Phulaphulani, bantundini baneenkani, nina banxaxhileyo elusindisweni.

13Umhla wosindiso wona ndiyawusondeza; ngenene awukude kuya phi.
Ukusindisa kwam akuyi kulibazisa; ewe, ndiza kuyihlangula iZiyon, uSirayeli
ndimzisele isidima nesithozela."

UIsaya 47

Ukuwa kweBhabheli

1 UNdikhoyo uthi: "Yihla esihlalweni, ntombindini Bhabheli; ewe, yiza nawe
ukhe ugqush' eluthulini. Wena wakhe wayinzwakazi yentombi; oko kuguda
nokuthamba ngoku kumkile.

2Thath' ilitye, usil' ingqolowa; ewe kaloku, sikhulule isigqubuthelo; finyeza
kaloku, uwel' imilambo.

3Kaloku ngoku buza kudlula ubuze bakho; awukho kukuphoxeka nalihlazo.
Kaloku mna ndiza kuziphindezela; ibe ke andizi kuba nalusini konke."

4UMkhululi wethu nguYedwa kaSirayeli; igama lakhe nguNdikhoyo
uSomandla-onke.

5UNdikhoyo uthi: "Yithi cwaka, ntombindini Bhabheli, uhlale ebumnyameni.
Kaloku wena ngoku akusayi kuthiwa uyikumkanikazi yezizwe.

6Besendinomsindo ngakubantu bam; ndide ndalishwabulela ilifa labo; suka
ndabayekela esandleni sakho. Ke wena awubanga nanceba konke, neengwevu
usuke wagadalala nakuzo.

7Ubusithi wena woba sisimakade, uhlale uhleli uyikumkanikazi. Khange
uzikhathaze nganto; khange uzidube nangokujonga isiphelo.

8"Phulaphula ke, wena mthandi weziyolo; nditsho wena uzicingela ukuba
ukhuselekile, nditsho wena uzilinganisa noThixo, wena othi nguwe okhoyo,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

akukho wumbi. Ubusithi wena soze ube mhlolokazi; soze ulahlekelwe bantwana.

9Kodwa ngephanyazo nje – ngamini-nye – ilahleko yabantwana kunye nobuhlolokazi iza kukufikela nawe zikho ezo ngwebedla zakho, ekho loo makhubalo akho namaqwili; ewe, zofika ziphelelise.

10Ubusithi uza kukhuselwa yinkohlakalo; usithi akukho bani ukubonayo. Ubulumko bakho nolwazi bukulahlekisile; usitsho nje ukuthi nguwe okhoyo, akukho wumbi.

11Ngoku wena uzelwa sisithwakumbe, ibe nemilingo yakho ayinakuma ngaphambili. Uza kuqutyulwa sisibetho ongenakusingxengxezela, ufikelwe sisihelegu ongazange wasicinga.

12“Bambelela kuloo makhubalo nezo ziphondo, njengoko kaloku walunyulelwa kuzo! Hleze kuthi kanti zisenokunceda; mhlawumbi ngazo ungazigrogrisa iintshaba.

13Namacebiso lawo akuqobile; mabeze kaloku oosiyazi bakuhlangule, nditsho abo bacalula iinkwenkwezi, abo bazoba amazulu ngezigaba zawo, abo baphicotha ubume benyanga nganye, baze bambulule baxele izinto ezizayo.

14Bona baza kufana nemvuthuluka yengca, kuze kuthi gqi umlilo ubatshise. Sobe babe nako nokuzihlangula; amadangatye onqanqaza batsho bathi shuu! Kaloku lowo asinguwo umlilo wokothiwa.

15Usizo lwazo luphelel' apho ezo zazi zakho walunyulelwa kuzo. Zonke zophephetheka ngeendlela zazo, kube kungekho bani ungakuhlangulayo!”

UIsaya 48

Ikamva lilawulwa nguThixo

1 UNdikhoyo uthi: “Khanibek' iindlebe, ndlu kaYakobi; nditsho nina babizwa ngoSirayeli, nina bomnombo kaJuda, nina bafunga igama likaNdikhoyo, nina bathi banqula uThixo kaSirayeli, kodwa ngenene nisitsho nje ngomlomo!

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Kanti kwanina niyazidla, niqhayisa ngokuthi nina ningabemi besixeko
sikaNdikhoyo; nithi nina nixhomekeke kuThixo kaSirayeli, ogama
linguNdikhoyo uSomandla-onke.

3“Kudala-dala ndatsho kwangonoquku; ewe, ndazixela izinto eziza kuhla,
kamva ke ndatsho suka zenzeka njengoko.

4Kambe ke wena bendisazi ukuba uneenkani nqwa nesele, ntondini eqinis'
intamo, lityendini lenyengane!

5Kungoko ndazibhengeza kwakudala ezi zinto, izehlo ndazixela ngaphambi
kokuba zenzeke, khon' ukuze wena ungabi nako ukuthi leyo yimisebenzi
yezithixo ozinqulayo.

6Konke endakuxelayo kwenzekile. Vuma kaloku! Kanti ke ngoku ndiza kuxela
into entsha, imfihlakalo eningazange nayazi.

7Ewe, ndiyidala ngoku; into enje zange yenzeke ngaphambili. Okanye ke
ngowusithi ubuyazi kakade.

8Zange uve uqonde nakuqonda, kuba ubungenako kakade. Bendikwazi ukuba
wena awuthembekanga; ndiyakwazi ukuba ungumvukeli owaziwayo.

9Ngenxa yegama lam ndibuya nganeno ngomsindo; ngenxa yodumo lwam
ndiyazithibaza ukuze ndingakutshabalalisi.

10Andinivavanyanga eziko okwesiliva, kodwa ndinivavanye ngehambo-nzima.

11Kungenxa yam ukuba ndenjenje; soze ndiliyekele ngehlazo igama lam,
kungekho bani wosizuza neso sihomo. Andinikisi ngaso; sesam ndodwa.”

UKoreshi umiswe nguNdikhoyo

12 UNdikhoyo uthi: “Bek' iindlebe uphulaphule, Yakobi, nditsho wena,
Sirayeli endakubizayo. Mna ndinguNdikhoyo: ndingowokuqala,
ndikwangowokugqibela.

13Ndim owamisa iziseko zehlabathi; ndim lo owawatwabululayo amazulu.
Ndithetha ngelizwi, zisuke zibekho.

© 1996 Bible Society of South Africa.

14Qokelelanani niphulaphule xa ninonke. Kakade sisiphi isithixo esinokuvakalisa into enjengale? Ndinyule oza kuhlasela iBhabheli. Yena uza kwenza oko kufunwa ndim.

15Kaloku ndim ngokwam endathethayo, ndim endambizayo, ndamthi jize ngempumelelo.

16Khawusondele ke uphulaphule. Kwasekuqaleni ndathetha ngokuphandle, futhi nokufezeka kwazo kokwam." Ewe, uMhlekazi uNdikhoyo undithumile, wandixhobisa ngoMoya wakhe.

Injongo kaNdikhoyo ngabantu bakhe

17Utsho ke uNdikhoyo, uMkhululi wakho, uYedwa kaSirayeli: "Mna ndinguNdikhoyo uThixo wakho. Ndikufundisa nje kaloku ndiyakunceda; ndikufaka endleleni ekufaneleyo.

18Akwaba wawuyiphulaphule imiyalelo yam. Ngelumpompoza njengamanzi uloyiso lwakho, budlobe okwamaza ubulungisa bakho.

19Ngeba ke namhlanje inzala yakho yinyambalala engenakubalwa, lingaze linqanyulwe igama lakho, kananjalo lingaze litshabalale."

20Phuman' eBhabheli; washiyeni amaKaledi! Bhengezani ngemihlali; ewe, memezani nazis' abantu bonke, nithi: "UNdikhoyo usihlangule isicaka sakhe uYakobi."

21Ngokuya wayebakhokela kwinkqantosi ebharhileyo abantu bakhe zange bafe lunxano; wabakhuphela amanzi eliweni, suka waliqhekeza, aza ampompoz' amanzi!

22Ewe, uNdikhoyo uthi: "Akukho ukonwaba kwabakhohlakeleyo!"

UIsaya 49

Ukhanyiso lwezizwe

1I-i-i-nzwi! Bekan' iindlebe, zizw' ezikude! Yivani ke, nina nto zihlal' ekudeni! UNdikhoyo wandibiza ndingekaliboni ilanga; ewe, wandikhankanya ndingekazalwa.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Wawenza amazwi am ahlaba njengekrele; ewe, yena wandifumbatha ngesandla, wandicikiza ngathi uhombisa utolo, wandithi xhwa sendilind' umayenzeke.

3Ke yena wathetha nam, wathi: “Wena usisicaka sam, Sirayeli; ngawe ndibhengeza ubungangamsha bam.”

4Ke mna ndithe: “Ndibulalekele ilize; umzabalazo wam ungamampunge. Kambe ke ibango lam likuNdikhoyo; nguThixo wam oya kundibuyekeza.”

5UNdikhoyo owandibumba esizalweni, wandenza isicaka sakhe, ukuze ndibuyisele uYakobi kuye, ndiphuthume uSirayeli owabhacayo. Kaloku isidima ndisizuza kuNdikhoyo; amandla am ampompoza kuThixo wam.

6UNdikhoyo uthethe wenjenje: “Njengesicaka sam akwanele okokuba ubuyisele ubuhandiba kwaYakobi, uphuthume amasalela kaSirayeli endiwalondolozileyo, koko ndikumisela ukuba ube lukhanyiso lweentlanga, ube lusindiso lwam olubandakanya ihlabathi jikelele. ”

7UYedwa, uNdikhoyo, uThixo kaSirayeli, lowo unguMkhululi wakhe, uthi kulowo udelwe mpela-mpela, nditsho lowo ucatshukelwayo zizizwe, lowo usisicaka seziphathamandla: “Izikumkani ziya kukubona; ewe, ziya kuphakama zikhahlele, namatshawe aya kuvova ee guqaqa!” Yonke loo nto ke iza kwenzeka kuba uNdikhoyo ekunyule wena ukuze ube sisicaka sakhe, nditsho uThixo onguYedwa kaSirayeli othembekileyo.

Abasayi kunxanwa balambe

8 UNdikhoyo uthi: “Ayeza amathuba akholekileyo, imihla yokusindiswa. Ke mna ndiya kukusiza, ndisabele ndakuva uzibika. Ndiya kukwalúsa ndikukhusele, ngawe ndenze umnqophiso nabantu. Ngawe ndolibuyisela kubantu bam ilizwe, ndilabe eliyinkangala libe lilifa,

9amabanjwa uwathethele uthi: ‘Yinkululeko; khululekani;’ uthi kwabo basebumnyameni: ‘Phumani, nize ekukhanyeni.’ “Bona baya kutya ngasezindleleni njengeegusha ezitya ezindulini.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

10Abayi kubuya balambe banxanwe; ilanga lentlango aliyi kubenzakalisa. Baya kwaluswa ngulowo unovelwano, abakhokelele kwimithombo empompozayo.

11Ndogqobhoz' iintaba, ndivul' uhola, abantu bam ndibahlahlel' indlela.

12Bona bothi gqi kwelikude – nditsho kwelasentla nasentshonalanga – bophum' eSinim kwelasezantsi.”

13Memelelani ngovuyo, nina mazulu; yeyezela uhlahlambe, wena mhlaba; hlokomani nivume, nina zintaba! Kaloku uNdikhoyo uyabathuthuzela abantu bakhe; uhlabekile ziinkxwaleko zeentsizana zakhe.

14Ke yena uZiyon uthi: “Hayi bo! UNdikhoyo undifulathele; iNkosi isuke yandilibala.”

15Waphendula ke esithi: “Ngaba umfazi angalulibala na usana lwakhe, ade angavakalelwa ngowakhe umntwana? Noba ke yena angade amlibale, okokwam ke mna soze ndikufulathele,

16kuba igama lakho ndilivambile, ndilithe tyaba esandleni sam; iindonga zakho zihlala zisemehlweni am.

17Bayeza oonyana bakho; baza kuphinda bakuvuse; abakutshabalalisayo bayemka.

18Khawulaqaze uqwalasele: nâbo oonyana bakho bexhontelana; nâbo bebuya begxalathelana. Ndiyafunga mna Thixo ophilayo, nawe wozingca ngoonyana bakho, uxel' umtshakazi ngobuyoko-yoko bakhe.

19“Ngenene ilizwe lakho labhukuqwa lada labharha, kodwa ngoku loba lincinane kunabo, lingabalingani abo babuyela kulo; abo balibhukuqayo boba sebekude.

20Abantwana obazalele ekuxhwalekeni ngeny' imini baya kuthi kuwe: ‘Lo mhlaba mncinane gqitha; sivulel' indawo, ukuze sime nathi!’

21Uya kwandula ke uthi: ‘Ndibathathe phi abantwana abangaka? Ndandingaphathi, ndiludlolo; kaloku ndathinjwa ndagxothwa. Kambe ke

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

bakhuliswe ngubani aba? Mna ndasala ndiyimpula kalujaca, ngaba luphuma phi na usapho olungaka?' "

22UMhlekazi uNdikhoyo uthi: "Ndiya kuzikhweba iintlanga, ndiziphakamisele imbasa yam izizwe, zitsho zize nalo usapho lwakho, zibabeleke oonyana bakho, zizifunqule iintombi zakho.

23Ookumkani boba ngabondli bakho, ookumkanikazi babe ziineni zakho; bothi vovololo, benik' imbeko kuwe, borhuqa phantsi ngentlonipho, utsh' uqond' ukuba ndinguNdikhoyo, soze badane abo bathembela ngam."

24Ungalohlutha na ixhoba lejoni? Ungamkhulula na umthinjwa kulowo umthimbileyo?

25Kambe yena uNdikhoyo uthi: "Yiloo nto kanye eza kwenzeka: amaxhoba othathwa kumajoni, abathinjwa bakhululwe kubathimbi. Baxabene nam abo balwa nawe; usapho lwakho lona ndiluhlangule.

26Abakucinezelayo ndobatsho bavukelane; boqumba babe ngoomnqay' ulambile, noluntu lonke lutsho lundiqonde ukuba ndinguNdikhoyo okusindisayo, mna Mkhululi wakho, iNgangamsha kaYakobi."

UIsaya 50

Ukuthinjwa kungenxa yezono

1 UNdikhoyo uthethe wathi: "Ùthi abantu bam ndabagxotha okomfo esahlukana nomfazi wakhe? Ziphi ke iincwadi zolo qhawukano? Ngaba ndanithengisa kubani njengomfo othengisa ngekhoboka lakhe? Hayi kaloku, nathengiswa ngenxa yezono zenu; nagxothwa wena nonyoko ngenxa yamatyala enu.

2Ndakufika akubangakho bani undamkelayo; ndaba ngamemeza akwasabela mntu. Ngaba imfutshane na ingalo yam? Ngaba andinako na ukukukhulula? Mhlawumbi makube andinamandla na ukuze ndikusindise? Ndithi ndingakhalima lome qoko ulwandle, imilambo itsho ibharhe, iintlanzi zife kukunqaba kwamanzi; yeka ke elo phunga!

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

3Isibhakabhaka ndisivathisa ngobumnyama, amazulu anxibe ezokuzila.”

Intobeko yesicaka sikaNdikhoyo

4UMhlekazi uNdikhoyo undazisile into emandiyithethe, ukuze ndikhuthaze abo batyhafileyo. Ntsasa zonke undivusa ndiphulaphule njengalowo ufundiswayo.

5UMhlekazi uNdikhoyo undivule ingqiqo; nam ke zange ndivukelane naye, ngenene zange ndirhoxe kuye.

6Ndazinikezela kwabo bandibethayo, kwabo banditsala-tsalayo, bencothula intshebe yam, bephatha kunditshicela ebusweni bendinyelisa.

7Kaloku uMhlekazi uNdikhoyo uyandisiza; ngoko ke andiyi kuhlazeka. Ndikulungele ukunyamezela; ewe, andisayi kudana.

8UThixo ondithethelelayo ukufuphi nam; yena wosuka andigwebele. Ngubani ke ongade andimangalele? Makeze kaloku, siye enkundleni; makachaze izityholo andibeka zona.

9Mna ndithethelelwa nguMhlekazi uNdikhoyo. Ngubani ke onako ukundigweba? Abandimangalelayo boguga njengengubo; nabo baya kumemethwa ngamanundu.

10Ngoobani na abamnqula ngentlonelo uNdikhoyo, abasiphulaphulayo isicaka sakhe? Ofikelwa bubumnyama, ekude nokukhanya, makathembele ngoNdikhoyo; ewe, makakholose ngoThixo wakhe.

11Nina baphembi bamayelenqe, isikhuni sobuya nomkhwezeli. NguNdikhoyo oya kuyenza loo nto, ke wena ufe ungcungcuthekile.

UIsaya 51

Intuthuzelo eJerusalem

1 UNdikhoyo uthi: “Phulaphulani, nina banxanel' ubulungisa, nina babongozana noNdikhoyo. Khangelani kwiliwa enathwetyulwa kulo, kuloo mqhokro navunjululwa kuwo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Khanicinge ngoAbraham inyange, nangoSara yena ungumawokhulu. Ndambiza eyedwa kuphela, ndaza ndamsikelela waba sisizwe.

3Inene uNdikhoyo woyithuthuzela iZiyon, akhathazeke ngenxa yamabhodlo ayo. Elibharhileyo wolijika libe ngumyezo, nentlango ibe njengomyezo waseIdeni, khona kulawule uvuyo nemincili, ibe yintsholo yengoma yokudumisa.

4“Ndiphulaphuleni ke, bantu bam, nibek' iindlebe, sizwe sam. Mna ndowisa umthetho; ulawulo lwam lukhanyisele izizwe.

5Ngokukhawuleza ndiza kuhlengahlengisa; usindiso lwam lusendleleni; izizwe zolawulwa ndim ngenkqu. Kaloku nezikude zindilindele; nazo zikholose ngamandla am.

6Khanijonge amazulu phezulu, nijonge umhlaba phantsi. Amazulu othi pheselele njengomsi, umhlaba uguge njengengubo, abantu bafe njengeempukane. Ke lona usindiso lwam lohlala luhleli; ubulungisa bam soze buthini.

7“Ndiveni, nina babaziyo ubulungisa, luhlangandini lunomthetho wam entliziyweni. Sanukuzihlupha ngâbo baninyelisayo, ningazidubi nangabo banithukayo.

8Bonyamalala ngathi yingubo edliwe ngamanundu, ngathi buboya begusha obudliwe ngumbungu. Ubulungisa bam bona boma bumi; usindiso lwam lukwizizukulwana ngezizukulwana.”

9Hoyina, Ndikhoyo! Sihlangule! Xhoba ngamandla akho usihlangule; makube njengemihla yamandulo. Kaloku nguwe owahlanganisela inabulele; nguwe owamqwenga-qwengayo uRahabhi.

10Nguwe owalomisayo nolwandle; nguwe owavula indlela enzonzobileni, baza badlula abakhululwa bakho.

11Abo bahlawulelweyo nguNdikhoyo baya kungena eJerusalem bechulumacha, bengqungqa bememelela ngemihlali, bathiwe jize ngovuyo

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ngonaphakade, bonwabe babe nemincili, bangaze babuye bazane neenzingo neenkxwaleko.

12UNdikhoyo utsho ukuthi: “Mna ndingulowo ukuthuthuzelayo; ngani ke ukuba woyike umntu – into evuthuluka njengengca?

13Kanti umlibele na uNdikhoyo uMenzi wakho, yena wawatwabululayo amazulu, yena walisekayo ihlabathi? Ngani ukuba uhlale ngedyudyu, usoyika ingqumbo yomcinezeli? Lowo uzungula ukukutshabalalisa soze abe nako ukukuchukumisa.

14Abo babanjiweyo sebeza kukhululwa; abayi kufa, koko bodla ubomi obude, bangalambi, koko baxhamle intlutha.

15Mna ndinguNdikhoyo uThixo wakho; mna ndiyalushukumisa nolwandle, amaza alo atsho agragrame. Igama lam nguNdikhoyo uSomandla-onke.

16Mna ndawatwabulula amazulu, ndazaneka iziseko zehlabathi. KwiZiyon ke ndithi: ‘Ke wena ungowam; imfundiso yam ndikunikile, futhi ke ndiyakukhusela.’ ”

Isiphelo sentlupheko yeJerusalem

17Vuka! Vuka, Jerusalem! Phaphama ude uphakame! Kaloku usizekile isohlwayo akuphathele sona uNdikhoyo; usiqongqoloze sada sakunxilisa.

18Ngoku ke akakho okukhokelayo – namnye kubantu bakho – engekho nakoonyana obazeleyo; tu umntu wokukurhuqa.

19Kuwe ilishwa lishwabene ngokuphindiweyo: umhlaba wakho uvukuzeliswe yimfazwe; abantu bakho bamemethwa yindlala. Ngubani ke onokukuthuthuzela?

20Oonyana bakho zizigede eziyobayo; bathe tywaa ezitalatweni phaya. Sebefana nenxala emgibeni. Batyakatywa yingqumbo kaNdikhoyo; umsindo woThixo wakho uphezu kwabo.

21Yiva, Jerusalem ebandezelekileyo, wena ugxadazela ungaselanga.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22Utsho uMhlekazi uNdikhoyo, nditsho uThixo wakho lo ukuthethelelayo:
“Ngoku ndiyayisusa kuwe le ndebe, ingqumbo le ndakuseza yona, le isuke
yakugxadazelisa; ngoku sobe ube sayixhamla.

23Ndoyinika abakuphakele ingcinezelo, abo bakwenze umgaqo wokuhamba,
abo bakuxangxathe ngeenyawo, abo bakuxovule njengomhlaba.”

UIsaya 52

IJerusalem yohlangulwa

1Vuka! Vuka, Ziyon! Khawuvath' amandla nokomelela; khawufak'
ezingayiwayo ngokundileka. Awu, Jerusalem, sixekondini esingcwele, kula
masango soze babe sangena abangalukanga nâbo bagqwalisekileyo.

2Vuk' uvuthulul' uthuli olo; mbanjwandini Jerusalem, khululeka. Thukulul'
amakhamandel' akukhonkxileyo, ungqendeve, mthinjwandini Ziyon.

3UNdikhoyo uthi: “Ukungena kwenu ebukhobokeni zange nihlawulelwe,
ngoko ke naxa nikhululekayo akuyi kwenziwa mrhumo.”

4Ewe, uMhlekazi uNdikhoyo uthi: “Kuqala abantu bam bâya kuhlala eJiputa;
kamva ke bangena phantsi kwedyokhwe yama-Asiriya.

5Ngoku ngaba yiyiphi ke le imeko?” utsho uNdikhoyo. “Kaloku abantu bam
baqweqwedisiwe bangena ebukhobokeni ngaphandle kwentlawulo,
nabaphathi babo baphoxisa ngabo. Igama lam lihlala linyeliswa imihla
yonke.

6Kwithuba elizayo abantu bam baya kulazi igama lam, baqonde ukuba ndim
owatshoyo, ewe, ndim kanye!”

7Hayi ubuhle beenyawo zesigidimi sibhijel' iintaba, sipheth' iindaba
ezimnandi, sibhengeza sisithi: “Uxolo lufikile! Yonk' intw' ilungile! Nal'
usindiso!” Ewe, sibhekisa kwiZiyon sisithi: “UThixo wakho uyalawula.”

8Abalindi batsho ngentswahla, batsho ngenzwinini yovuyo ngazwi-nye.
Kaloku ngoku sebebona ngamehlo; nanko uNdikhoyo engena eZiyon!

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Dandulukani ngemivuyo nemincili nani ke, mabhodlo aseJerusalem.
UNdikhoyo wobathuthuzela abantu bakhe, ayikhulule iJerusalem.

10Yena wosebenza ngamandla awodwa, zibone zonke izizwe, usindiso loThixo
wethu lutyhileke kuzo zonke iintlanga.

11Ke nina phumani, hambani nimke apho, ningachukumisi nento le enomlaza.
Phumani ningenabala nimsulwa, baphathi bobuncwane bendlu kaThixo.

12Namhla aniyi kuphuma magxabha-gxabha. Kaloku animki ngakuba
nibhaca, koko nikhokelwa nguNdikhoyo. UThixo kaSirayeli wonikhusela
ngeenxa zonke.

Isicaka soyisa kwiimbandezelo

13 UNdikhoyo uthi: “Isicaka sam sophumelela; siya kuphakamela phezulu
ngendumasi.

14Ke abaninzi bomangaliswa bakusibona; suka santleke-ntleke asazeka,
imbonakalo yaso ingachazeki, singasafani nanyana wamntu.

15Nangoku ke wochaphazela izizwe ezininzi, izikumkani zikhumnqe zisik'
umlomo. Kaloku zobona zide ziqondisise nento ezingazange zayazi.”

UIsaya 53

1Ke abantu bophendula bathi: “Ngubani ongékholiwe ludaba esiluvileyo?
Ngubani ongéwuqondile umnwe kaNdikhoyo?

2Kaloku isicaka sikhule njengesithole kwelibharhileyo, suke asabi
namfaneleko nabunganga, saba ngasijonga asabi namtsalane.

3Abantu basidelile basibukula, saba ngumntu wenkxwaleko nentlungu. Saba
njengalowo ufulathelwayo, engasiwa so; saba ngulowo udeliweyo, nathi
asasikhathalela.

4“Kanti ngenene buthwelwe nguye ubuthathaka bethu, inkxwaleko yethu
yâsemagxeni akhe. Ngenene thina besiba ubandezelekile, sisithi uyabethwa
nguThixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5Phofu ke ungxwelerhwe ngenxa yokukreqa kwethu; ewe, ubulewe ngenxa yobugwenxa bethu. Ukohlwaywa kwakhe kusiphathele uxolo; thina sinyangwe ngamanxeba akhe.

6Sonke salahleka njengeegusha, elowo wabhadula ngeyakhe indlela; ke yena uNdikhoyo wamwisela ngobugwenxa bethu sonke.

7“Ewe, yena waphathwa gadalala, kodwa wathi cwaka, akakhalaza tu. Waba njengexhwane eliya kuxhelwa, wathi cwaka njengegusha ichetywa; ewe, akawuvulanga umlomo wakhe.

8Wanqanyulwa ngengcinezelo nesigwebo. Kwisizukulwana sakhe ngubani oyiqondileyo le nto? Inene, wanqanyulwa kwelabaphilayo; wabethwa ngenxa yezikreqo zamawethu.

9Engcwabeni walala nezikhohlakali, ngokunjalo nesityebi ekufeni kwakhe, nakuba wayengenzanga lugonyamelo, engazange waba ngokhohlisayo. ”

10Kanti yintando kaNdikhoyo ukuba abandezeleke abulawe, khon' ukuze ukufa kwakhe kube lidini lokungxengxezela izono. Ngoko ke wobona nezizukulwana; uya kukhula ade akhokhobe; ngaye intando kaNdikhoyo yofezekiswa.

11Ngenxa yembandezelo yakhe wobuya axhamle ulonwabo. Uthi uNdikhoyo: “Ngokwazana nesi sicaka sam sindikholisayo abaninzi bofumana ubulungisa. Kaloku sona sibuthwele ubugwenxa babo.

12Yena ndomabela isahlulo phakathi kweendwalutho, abe nenxaxheba kumaxhoba ndawonye namagorha. Kaloku waziqongqothela ekufeni, wada wabalwa nabakreqi. Kaloku usithwele isono sabaninzi, wenza isingxengxezo ngenxa yabakreqileyo.”

UIsaya 54

Ukuthandwa kweJerusalem

1Danduluka utyibele, ludlolondini Jerusalem! Ewe, hlabel' ingoma umemelele kaloku, nawe, wen' ungazange wayiva inimba. Kaloku lona usizana loba

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ngunobantwana; loba ngaphezu kwakhe umfaz' onendoda. Ewe, nguNdikhoyo oyithethileyo loo nto.

2Yandise loo ndawo uhlala kuyo; sukuthandabuza, yolule nemikhusane yentente yakho; zandise iintsontelo, uzibethelele ziqine izikhonkwane.

3Kaloku uza kunabela macalana onke; isizukulwana sakho siya kuzithimba izizwe, umhlaba ubuyele kuso, size sime kwezo zixeko zingamabhodlo.

4Musa ukuxhala, awuyi kungena hlazweni; ungaphithizeli, awusayi kuthotywa. Ihlazo lobutsha bakho lona lolibaleka, ungabi sasikhumbula nesingcikivo sobuhlolokazi.

5Kaloku nguMenzi wakho indoda yakho; igama lakhe ke nguNdikhoyo uSomandla. NguYedwa kaSirayeli uMkhululi wakho; kuthiwa nguThixo wehlabathi jikelele.

6Ngoku uNdikhoyo uphinde wakubuyela, njengomfazi osel' enomvandedwa kukushiywa, nditsho umfazana owaliweyo. Kodwa ke uThixo wakho uthi:

7“Ndakulahla okomzuzwana nje kuphela; ngoku ke ndikubuyisa sendiyimvuze-mvuze luthando.

8Ndakufulathela ndinengqumbo okomzuzwana nje; ngoku ke ndikuthanda ngothando olungenabuyambo; ewe, ndiyavakalelwa ngenxa yakho.” Utsho ke uNdikhoyo uMkhululi wakho.

9“Ngexesha likaNowa ndenza isifungo sokungaphindi ndilintywilisele ihlabathi. Nangoku ke ndithi soze ndiphinde ndicaphuke; andiphindi ndikukhalimele ngoburhalarhume.

10Ewe, iintaba zingadilika, ke zona iinduli zinyamalale, kodwa izibele zothando lwam soze zinqamke kuwe, nomnqophiso wam woxolo soze ushukume.” Utsho ke yena uNdikhoyo okukhathaleleyo.

Ukuhlaziywa kweJerusalem

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11“Jerusalem exhwalekileyo, sixekondini siselusizini, nkedamandini engenaye
nomthuthuzeli, mna ndiza kukwakha ngamatye odidi, iziseko zakho
ndizizinzise ngamatye anqabileyo.

12Iinqaba zakho ndozakha ngeerubhi, amasango ndiwakhe ngamatye
abengezelayo, iindonga ndizijikeleze ngamatye anqabileyo.

13Oonyana bakho baya kufundiswa nguNdikhoyo, ikamva labo ndilithi jize
ngenkqubela noxolo.

14Ndokuxhasa ngobulungisa nolungelelwano; ingcinezelo sobe ibe
sakuchukumisa, futhi akusayi kugrogriswa mntu konke.

15Nabani na okuhlaselayo uchasene nam; umntu olwa nawe akasayi
kuphumelela.

16“Kaloku umtyhidi udalwe ndim lo; ubasa umlilo aze atyhide izixhobo.
Kwankqu nejoni elitshabalalisayo lidalwe kwandim lo, nditsho elo lisebenzisa
ezo zixhobo.

17Nezo zixhobo zixonxwe ngenxa yakho soze zikutshabalalise, uya
kumphendula nabani na okumangalelayo. Lilo ke elo ilifa lezicaka
zikaNdikhoyo; ewe, mna ndozithi jize ngoloyiso.” Etshilo nje ke uNdikhoyo
utshilo!

UIsaya 55

Inceba kaThixo sisisa

1 UNdikhoyo unimema esenjenje: “Yizani nonke nina ninxaniweyo; yizani xa
ninonke, nanga amanzi. Yizani nonke, nabo bangenamali; thengani, naku
ukutya nitye. Yizani nizenzele kwiwayini nobisi; xa iyonke loo nto sisimahla.

2Sanukuchitha imali ngento engahluthisiyo. Ngani ukuba nibulaleke
ninganeli noko? Ndiphulaphuleni nize nindithobele, khon' ukuze nixhamle
ubuncwane obanelisayo.

3Bekani indlebe, nize kum; phulaphulani, nixhamle ubomi. Ndonenzela
umnqophiso waphakade, ndiniphathe ngezibele endazithembisa uDavide,

© 1996 Bible Society of South Africa.

4endammiselayo waba lingqina lam ezizweni, inkokheli nomlawuli ezintlangeni.

5Ngoku niya kumema iintlanga eningazaziyo; izizwe ezinganaziyo ziya kunilangazelela ngenxa kaNdikhoyo uThixo wenu. Lowo ke nguYedwa kaSirayeli. Kaloku yena unithe jize ngesihomo.”

6Funani uNdikhoyo esenokufumaneka; bhenelani kuye ngoku asekufutshane.

7Umntu okhohlakeleyo makahlukane nobubi, netshijolo maliyeke ukuyila ubutshijolo. Maliguquke, lize kuNdikhoyo; yena wosuka abe novelwano lilo. Malize kuThixo wethu, kuba yena uxolela kangangoko.

8“Kaloku ingcinga zam azifani nezenu, neendlela zenu azifani nezam,” utsho yena uNdikhoyo!

9“Njengokuphakama kwezulu emhlabeni ziphakamile neendlela zam kunezenu, kanti ke zikwanjalo neengcinga zam.

10Ilizwi lam nqwa nekhephu nemvula: ziphuma esibhakabhakeni, kanti ke azigoduki ngaphandle kokumanzisa umhlaba, zikhulise izityalo, umlimi zimnike imbewu, olambileyo zimnike ukutya.

11Likwanjalo ke nelizwi endilithethayo: alibuyi lilambatha, koko liyawufezekisa umnqweno wam, liliqaqambise icebo lam.

12Nophuma nimemelela ngovuyo, nihambe ningumngcelele owonwabileyo. Iintaba neenduli phakathi kwenu zosuka zingqokole zitsho ngengoma, amahlathi nemithi atsho ngentswahla luvuyo.

13Endaweni yomqaqoba kovela imipayini, kukhule imetlani endaweni yobobo. Loo nto ke yoba ludumo lukaNdikhoyo – umqondiso ongasoz' uthini!”

UIsaya 56

UThixo ngoweentlanga zonke

1 UNdikhoyo uthethe wenjenje: “Yenzani okusemthethweni noko kulungileyo. Kaloku usindiso lwam lukufuphi, nobulungisa bam buza kutyhileka.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Unoyolo ke umntu owenjenjalo, nditsho umntu oyibambisisayo, lowo uwuhlonelayo uMhla wokuPhumla, umntu ongawudeliyo awuxabhele, nditsho ozigcinayo angenzi bubi konke.”

3Intlanga ezibandakanya noNdikhoyo mayingathi: “Inene uNdikhoyo wondikhetha kubantu bakhe.” Nendoda elithenwa mayingakhalazi ithi: “Mna ndinjengomthi ongenahlumela.”

4Kumathenwa uNdikhoyo uthi: “Ukuba niyawuhlonela uMhla wokuPhumla, ukuba nizimisele ukwenza izinto ezindikholisayo, niwugcine ngokupheleleyo umnqophiso wam,

5ndonenzela isikhumbuzo negama endlwini yam, elingaphezu kokuba noonyana neentombi, nditsho igama elingasoze litshitshe.

6Iintlanga ezizibandakanya noNdikhoyo, ezizinikeleyo kuye zimsebenzela, ezizimiseleyo ukuba zizicaka zakhe, lowo uwuhloneleyo uMhla wokuPhumla, umntu ongawudeliyo awuxabhele, owuthobelayo pheleleyo umnqophiso wam –

7abanjalo ndobasa kwintaba yam eyodwa, bonwabe endlwini yam yokuthandaza. Amadini abo atshiswayo kunye neminikelo aya kwamkeleka kwiqonga lam lamadini. Kaloku indlu yam kothiwa yindlu yokuthandaza iintlanga zonke. ”

8Utsho ke uMhlekazi uNdikhoyo, nditsho umqokeleli weembacu zikaSirayeli: “Ndisaza kuqokelela nabanye ngaphandle kwâbo sendibaqokelele.”

Iinkokheli ziyagxekwa

9Yizani nonke, marhamncwa, nibaqwenge, nina zinyamakazi nezilo zamahlathi.

10Kaloku iinkokheli zabo aziboni, zizonke nje zititsekile nqwa nezinja ezimumekileyo, nditsho izinja ezingakhonkothiyo, ezibhuqa-bhuqeka zide ziphuphe, ezilangazelela ubuthongo kuphela.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Zifana nqwa nezinja ngokunyoluka; zizingxala ngokutya, kodwa azihluthi.
Zinjalo nezi nkokheli, zivaleke mba; zonke zenza ngokuzithandela; ngulowo
nalowo usemva kwenzuzo.

12Ungaziva zisithi: “Yizani sihambe siye etywaleni; masibutye sibuphathe
ngeembambo. Nangomso yiloo nto – okanye kothi kratya!”

UIsaya 57

1Amalungisa ayafa, kungabikho mntu ukhathalayo; abantu benene
bayahamba, kungabikho bani uqondayo – bona bayafa ngenxa yobubi.

2Kambe ke bangena eluxolweni; ukufa kubaphathela ukuphumla abo
bahamba ngendlela ethe ngqo.

Kugxekwa imifanekiso eqingqiweyo

3“Yizan' apha ke, nina nzala yezanusekazi, sizukulwanandini sabakrexezi
namahenyukazi!

4Ngubani lo nidlala ngaye? Ngubani lo niphoxisa ngaye, lo nimlencezela
ulwimi? Nzalandini yezibhoxi! Sizukulwanandini sabakhohlisi!

5Zintondini zitshiseka emiokini, ze zilalane phantsi kwemithi efukufuku,
nixhela abantwana ezingxingweni, emiqolombeni phantsi kwezawana.

6Ilifa lenu ngamatye agudileyo ezingxingweni; isabelo senu zezo zithixo. Zona
nide nizithululele utywala, niziphe nomnikelo weenkozo. Nithi mandivelane
nani kule mikhuba?

7Amadini niwenzela ezintabeni eziphakamileyo, kanti kwalapho ninawo
nomandlalo.

8Emigubasini nasemva kocango kulapho nizizoba khona izithixo.
Ngokundibaleka niwuhlubile umandlalo wenu, suka nawuvula nangena
nezithandwa zenu, ezo nilala nazo ngokuzihlawula, khon' ukuze nizanelise
ngazo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Nto niyaziyo kukuziqaba nokuziqhola, nenjenjeya ukunqula uMoleki. Izithixo nide nizizingele, izigidimi zenu zixananaze, nithumele nakwelo labafileyo.

10Nibhadula nide nidinwe, nifuna izithixo, kodwa anivumi ukuba yinkcitha-xesha. Anizilibali nisomelezwa zizithixo; yiyo le nto ngathi anidinwa."

11 UNdikhoyo uyabuza, uthi: "Ngoobani ezi zithixo nizoyika kangaka? Ngenxa yazo nide anathembeka, mna anabi sandikhumbula mpela. Ngaba ndithule ndada ndagqithisa le nto ningasandazele nto ngoku?

12Ndosuka ndibudandalazise ubulungisa benu benkohliso, ngokunjalo nezenzo zenu; nolu nqulo lwenu luya kulambatha.

13Xa nibhomboloza nizibika, azinincedi ngani izithixo zenu; kambe ke zona ziphetshethwa nangumoya lo, nditsho nomphunga lo. Ke bona abo bakholosa ngam baya kuma bazinze kulo mhlaba; ewe, intaba yam eyodwa ibe lilifa labo."

UThixo uthembisa ngoncedo nokuphilisa

14 UNdikhoyo ke uthi: "Shenxisani izithintelo endleleni; bahlahleleni indlela abantu bam."

15Utsho uThixo ophakamileyo, uThixo oyedwa ophila ngonaphakade: "Ndihlala emajuku-jukwini angayiwayo, kanti ndiyahlala nasebantwini – kwabo bazinikelayo bathobekileyo – ukuze ndibahlaziye abathobekileyo, ndibakhuthaze abo bazinikelayo.

16Andiyi kusoloko ndibamangalela abantu, ndingayi kusoloko ndisilwa nabo, hleze umntu atyhafe, adane lowo ndimenzileyo.

17Ndacatshukiswa sisono sabo sokunyoluka, suka ke ndabohlwaya ndabafulathela. Kambe ke basuke baneenkani, babhadulela ekuthandeni kwabo.

18Ngoku ke ndikubonile ukuziphatha kwabo; ngoko ke ndiza kubanyanga – ndiza kubakhokela ndibasize ndibathuthuzele,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19abo banesingqala ndibaphakel' indumiso, uxolo nenzolo kwabakufuphi
nabasekudeni; ewe, ndiza kubanyanga abantu bam," utsho uNdikhoyo.

20Ke zona izikhohlakali ziphithizela njengolwandle olumaza asoloko elatyuza,
edudula ukungcola nodaka.

21Ewe, uThixo wam uthi: "Akukho ukonwaba kwabakhohlakeleyo!"

UIsaya 58

Ukuzila

1 UNdikhoyo uthi: "Danduluka ubhomboloze ungathandabuzi; khwaza
umemeze njengexilongo. Thetha uzikhombe izikreqo zabantu bam; indlu
kaYakobi yibonise izono zayo.

2Kaloku bona bafunana nam mihla le, ngathi bayazithanda iindlela zam.
Sebengathi basisizwe esindithobelayo, ngathi babambelele kwizimiso zoThixo
wabo. Bathi mandibanik' umtheth' onguwo ngokwabantw' abalangazelel'
uThixo wabo."

3Ungabeva bekhalaza besithi: "Siba ngazila awusikhathaleli! Kudala
sizibhuqa-bhuqa ngentobeko, kodwa wena ngathi awusiboni." Kanti ke yena
uNdikhoyo uthi: "Ewe, ngenene ninayo imihla yokuzila, kodwa ikwayimihla
yokuzenzela unothanda – ngayo nisuka nixhaphaze abasebenzi.

4Ngomhla wokuzila iba sisiphithi-phithi semfazwe; nisuka nibethane
ninqindane ngolunya. Namhlanje ke olo zilo lwenu lilize; ilizwi lenu
alinakuviwa phezulu.

5Kakade, nithi olu lolu zilo lufunwa ndim, usuku nje lokuba umntu aziqobe,
ufike nithe tyek' iintloko ngathi yingcongolo, nide nilal' eluthuthwini
ngamasaka? Ningathi kukuzila ke eso simanga? Ingandikholisa njani ke into
enjalo?

6"Naku okona kuzila ndikufunayo: Zikhululeni iimbophelelo zengcinezelo;
niwanyenyise amatyathanga edyokhwe, bakhululwe bonke abacinezelwa,
niyaphule idyokhwe yengcinezelo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Kananjalo yabelanani nabo abalambileyo, amahlwempu eembacu niwafake
ezindlwini. Abo badlakazelayo baphen' impahla; yekani ukusuka nifulathele
amawenu.

8Nam ke ndotsho ndiyenze mhlophe indlela yenu; nezifo zenu ndozinyanga
ngokukhawuleza. Ewe, impumelelo yakho iya kukukhokela, ubungangamsha
bukaNdikhoyo bukuphahle ngeenxa zonke.

9Nothi ke nakuzibika, asabele uNdikhoyo; nothi nakukhala, athi: 'Ndim lo!'
"Ukuba nithe nahlukana nengcinezelo, nayeka ukutyityimbisela abanye
umnwe, nahlukana nokuyila nokuthetha inkohlakalo –

10ewe, xa nithe nababela abalambileyo, ukuba nithe nabathuthuzela
abaxhwalekileyo, notsho nibe zizibane ezigxotha ubumnyama, ngenene
yotsho ibe mhloph' indlela yenu.

11UNdikhoyo ke wonikhokela njalo-njalo, anibonelele naxa senisenkqantosini.
Uya kunomeleza nihlale niphile qete! Nodlamka njengomyezo
onkcenkceshelwayo; nofana nomthombo ompompoz' ungaz' utshe!

12Abanye benu baya kuwakha amabhodlo akudala; iziseko zamandulo ziya
kuvuswa. Kothiwa ningabakhi beendonga eziwileyo, abavusi bezitalato ukuze
kumiwe kuzo."

Umvuzo wokuhlonela uMhla wokuPhumla

13 UNdikhoyo ke uthi: "Ukuba nithe ke nawuhlonela uMhla wokuPhumla,
nayeka ukuzikholisa ngalo mhla wam uwodwa, xa nithe nawulangazelela lo
mhla, ukuba niyawuxabisa umhla kaNdikhoyo, ngawo ningenzi misebenzi
iyeyenu, niyeke ukuzonwabisa ngawo nokuthetha ngokungakhathali,

14uNdikhoyo ke uya kunonwabisa, animise nasezintabeni, nixhamle ilifa
lokhokho wenu uYakobi." Etshilo nje ke uNdikhoyo utshilo.

UIsaya 59

Izono zingumqobo

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Ngenene isandla sikaNdikhoyo asisifutshane ukuba ade angabi nako
ukumhlangula umntu. Ewe, yena akasiso isithulu ukuba ade angeva.

2Nto nje ubugwenxa benu bungumqobo; buthe zinzi phakathi kwenu
noThixo. Ewe, zizono zenu ezimsithayo uThixo kuni, yiyo nale nto ngáthi
akaniva.

3Izandla zenu zidyojwe ligazi, neminwe yenu inkone kukona. Ngemilomo
yenu niyaxoka, kananjalo nithulula inkohlakalo.

4Akukho ukhathalele ubulungisa; xa bemangalelana bubuqhopholo bodwa.
Bakholosa ngenkohliso nobuxoki; bakhawula inkathazo, bazale inkohlakalo.

5Baqandusela amaqanda erhamba, batsho ngobobo lwamayelenqe. Maqanda
lawo ke ayityhefu – lithi lingakroboka kuthi gqi irhamba.

6Amayelenqe abo akancedi mntu; ewe, akambathwa njengengubo. Imisebenzi
yabo ngamanyondololo; ngezandla zabo basebenza ububhoja.

7Bahamba ngezantya xa besiya kona; bayakhawuleza xa babulala
ongenatyala. Ngeengcinga bayila inkohlakalo yodwa; endleleni yabo
yimbubho nentshabalalo.

8Ewe, indlela yoxolo abayazi; umthetho nesiko abahambi ngawo. Iindlela
zabo bubuqili nobuqhopholo; abahamba ngazo soze babe noxolo.

Abantu bayabula

9Abantu bathi: “Ewe, ngenene asilungiselelwa; ubulungisa abufikeleli kuthi.
Silindela ukukhanya, kuthi gqi ubumnyama; silindela ilitha, suka kusibekele.

10Siyaphuthaphutha ngathi siziimfama; siyaphampatha ngathi asinamehlo.
Sikhubeka emini ngathi kusebusuku, kwabaphilayo ngathi singabafileyo.

11Sibhomboloza ngathi singamarhamncwa; sitsho ngesimbonono ngathi
ngamahobe. Sibe ngafuna ukulungiselelwa, kungabikho; sakuthalaza usindiso
suka lube ziinkwenkwezi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

12“Ndikhoyo, sikone ngokuphinda-phindeneyo; izono zethu nâzo zisimangalela. Ewe, ngenene singabakreqileyo; siyabuqonda yaye sibuvuma ubugwenxa bethu.

13Sikuvukele ngobuqhetseba, wena Ndikhoyo; suka safulathela asamlandela uThixo wethu; suka saphul' izikeyi, sifuth' ingcinezelo, sayil' inkohliso, satheth' ubuxoki.

14Ngoku ke umthetho urhoxile, nobulungisa bumele qelele. Phandle phaya inyaniso iyaphephetheka, nokunyaniseka akungeni ndawo.

15Ewe, inyaniso yafuduka mpela-mpela; oshiy' ububi uzibhaqa elixhoba.”

UNdikhoyo uthatha amanyathelo

Akukhangela uNdikhoyo suka wakhathazeka akubona umthetho unyathelwa ngeenyawo.

16Akukhangela akabonanga mncedi konke, suka wakhathazeka kwakungabikho mlamli. Ngoko ke suka waxhabasha ngamandla akhe asindisayo, ukuze azuze uloyiso ngobulungisa bakhe.

17Uthe gaxa ubulungisa esifubeni, watsho ngomnqwazi wosindiso entloko. Ewe, kaloku uvath' impindezelo, wada wazithándela ngekhwele.

18Abantu wobohlwaya ngokwezono abazenzileyo; iintshaba uza kuziphakel' ingqumbo, abalwa naye ababel' impindezelo, ade aye kuqhina nakwabo bakude.

19Entshonalanga bonkwantya besoyika uNdikhoyo, lufikelele nasempuma udumo lwakhe. Ekuhlaseleni kotshaba oluza ngokomlambo otyhulubayo, uMoya kaNdikhoyo uya kuluswantsulisa.

20“UMkhululi uyeza eZiyon; uza kukhulula abakwaYakobi abazisolayo ngezono zabo.” Lowo ke ngumlomo kaNdikhoyo.

21UNdikhoyo uthi: “Ndiza kwenza umnqophiso nani. Amandla nemfundiso endininike yona yohlala iyeyenu; ngokunjalo ke ukusukela ngoku ngamana

© 1996 Bible Society of South Africa.

nandithobela, nide nifundise nesizukulwana senu, khon' ukuze naso sindithobele kude kuye ephakadeni.”

UIsaya 60

Ikamva leJerusalem

1Khawuvuke! Vuka, Jerusalem! Khanya! Ukhanyiso lwakho luthwasile; isihomo sikaNdikhoyo sikujikelezile.

2Nâbo ubumnyama phezu kwehlabathi; umnyam' ombonde-mbonde uvalel' izizwe. Kodwa ke uNdikhoyo uyakukhanyisela; ukukhanya kwesihomo sakhe kuphezu kwakho.

3Oko kukhanya kotsala neentlanga, nezikumkani ngokwazo uzikhange loo mso.

4Khawubheka-bheke ude uqwalasele; bonke bayaqokelelana, bayeza! Oonyana beza bevel' ekudeni; iintombi zona ziza zisingathiwe.

5Wothi ungabona, utsho ube nemihlali; uya kutsho uhlasimle kukuchulumacha. Kaloku ubutyebi bezizwe boza kuwe; ubutyebi bothi gqi naphesheya kweelwandle.

6Ilizwe lozala yimihlambi yeenkamela namankonyane aseMidiyan naseHefa. NabaseShebha baya kuza begxalathelana, bepheth' igolide kunye nesiqhumiso, bebhengeza bedumisa uNdikhoyo.

7Zonke iigusha zakwaKedare zoba zezakho; wosebenzisa iinkunzi zeegusha zakwaNebhayoti. Zona ziya kutsho ngamadini amkelekileyo eqongeni lam; ndoyihombisa indlu yam enesihomo.

8Zinto zini ezi zibhabha njengamafu, ezi zingathi ngamahobe egoduka?

9Ziinqanawe ezivela emazweni, kukhokel' ezaseTashishe – nâzo zigodusa abantu bakaThixo. Beza bepheth' igolide nesiliva; ngazo badumisa igama likaNdikhoyo. Lowo ke nguThixo oyedwa kaSirayeli, yena unithe jize ngesihomo nesithozela.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10KwiJerusalem ke uNdikhoyo uthi: “Iindonga zakho zokwakhiwa ziintlanga, izikumkani zazo ke zona zikuququzelele. Kuba kaloku ndanohlwaya ngomsindo, ke ngoku ndiyimvuze-mvuze ngobubele.

11Amasango akho ohlala evulwe ng'aa! Imini nobusuku wona soze avalwe, ukuze abantu bakuzisele ubutyebi bezizwe, izikumkani zazo ziluludwe, zona zingumngcelele wabathinjwa.

12Ke sona isizwe ndawonye nookumkani bonke abangakubusiyo botshabalala; baya kuvuthululwa baphele tu.

13“Iqhayiya lamahlathi aseLebhanon loza kuwe, imithi yesipresi, umpleyini, nompayini, yoziswa kuhonjiswe ngayo indlu kaThixo, ukuze umzi wakhe undiliseke.

14Baya kuza abo babekade bekucinezela, bafike bakhahlele babuse kuwe. Nabo bonke abebekade bekudelile baya kuwisa kuwe bekhahlela, besithi wena usisixeko sikaNdikhoyo, iZiyon kaYedwa kaSirayeli.

15“Nangona ushiyiwe uthiyiwe, kungasekho bani udlulayo, ndiya kukwenza iqhayiya laphakade, uvuyo lwezizukulwana ngezizukulwana.

16Izizwe nezikumkani ziya kukuququzelela, zifane nomfazi okhulisa usana lwakhe. Nawe ke uya kutsho uqonde ukuba ndim mna Ndikhoyo okusindisileyo, wazi ukuba ngenene ukhululwe yiNgangalala enguThixo kaYakobi.

17Ndaweni yobhedu ndokunika igolide, ndaweni yentsimbi ndikunike isiliva; esikhundleni somthi ibe lubhedu, ndikunike intsimbi endaweni yelitye. Uya kuphathwa luxolo, ulawulwe bubulungisa.

18Ubundlobongela buya kuba yintsomi, imbubho nentshabalalo ziphele emideni yakho. Uya kubiyelwa ngosindiso, uvalwe ngendumiso.

19Emini awusayi kukhanyiselwa lilanga; ebusuku alisayi kubakho ilitha lenyanga; koko wokhanyiselwa bubungangamsha bam; mna Ndikhoyo ndokukhanyisela ngonaphakade.

© 1996 Bible Society of South Africa.

[20]Awusayi kuphinda utshonelwe langa, nenyanga ayisayi kubuya iphele; uNdikhoyo wokukhanyisela nanini-nanini, ingaze ibuye ibekho imihla yesingqala.

[21]Abantu bakho boba ngabalungileyo, umhlaba bawume kude kube ngunaphakade. Bona basisithole esimiliselwe ndim; ewe, bangumsebenzi wezandla zam, ukuze babhengeze udumo lwam jikelele.

[22]Noyena ungathangani uya kuba njengomkhosi, kanti noyena ungazelwe nto woba sisizwe esomeleleyo. Lakufika ixesha le nto ndoyenza ngesiquphe, kuba kaloku mna ndinguNdikhoyo."

UIsaya 61

Iindaba ezimnandi zovuyo

[1]Ke mna ndonganyelwe nguMoya woMhlekazi uNdikhoyo, kuba kaloku uNdikhoyo undithambisile. Undithume ukubhengeza iindaba ezimnandi kumahlwempu, ndibophe abantliziyo zingamahlwili, ndibhengeze ukukhululeka kwabathinjwa, ndazise inkululeko kumabanjwa.

[2]Undithume ukuba ndivakalise ndithi uthwasile unyaka wobabalo lukaNdikhoyo, umhla wempindezelo yoThixo wethu. Uthi mandithuthuzele abo banesingqala;

[3]ewe, abo banesingqala eZiyon mandibathi jize ngesithsaba endaweni yezimnyama, intambiso yolonwabo endaweni yokulila, ndibathi wambu ngengoma yochulumacho endaweni yomva-ndedwa. Kaloku bona kothiwa bayimithi yobulungisa, imithi etyalwe nguNdikhoyo ngokwakhe, ukuze baphuhlise isihomo sakhe.

[4]Bona baya kuzivusa izixeko zamandulo, bawavumbulule namabhodlo asel' adilizwa. Baya kuzakha izixeko esezingamabobosi, ezo zatshatyalaliswa kwizizukulwana ezadlulayo.

[5]Ke zona iintlanga ziya kwalusa imihlambi yenu, zilime amasimi, zijonge nezidiliya zenu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6Ke nina noba ngababingeleli bakaNdikhoyo; niya kuba zizicaka zikaThixo wethu; niya kubuxhamla ubutyebi bezizwe, nitsho nizingce niqhayise ngabo.

7Endaweni yokuhlazeka abantu bam bofumana isabelo esiphinda-phindiweyo, endaweni yokunyoshoza bofumana ilifa elonwabisayo; ewe, boba nenxaxheba yelifa eliphinda-phindiweyo kwelakowabo, bahlale ngolonwabo olungasoze luthini.

8Ke yena uNdikhoyo uthi: “Mna Ndikhoyo ndithanda impatho enolungelelwano; ndikuthiyile ukuphanga nobubhovu-bhovu. Ndingothembekileyo nje, abantu bam ndobanika umvuzo, ndibenzele umnqophiso ongasoz' uthini.

9Isizukulwana sabo soba ngoodumezweni, inzala yabo yaziwe naziintlanga. Bonke abababonayo baya kuvuma bathi: ‘Luhlanga oluthamsanqelweyo nguNdikhoyo.’ ”

10Nditsho ndanemihlali ngenxa kaNdikhoyo; umoya wam uyachulumacha ngoThixo wam. Kaloku undithe wambu ngomnweba wosindiso, ewe, yena undambathise isivatho sobulungisa, ndatsho ndanjengomyeni eqhoqhonye intloko yakhe njengombingeleli, ndanjengomtshakazi ozihombisa ngobuyoko-yoko bamaso.

11Kwanjengokuba umhlaba uyintshulisa imbewu, zitsho zikhule nezityalo ezisemyezweni, noMhlekazi uNdikhoyo wotyala ubulungisa nendumiso, zintshule zikhule kuzo zonke izizwe.

UIsaya 62

Igama elitsha leZiyon

1Ngenxa yeZiyon andinakuthi cwaka, ngenxa yeJerusalem andinakuthi tu, bude ubulungisa bayo butshisele njengomsobomvu, lude usindiso lwayo lukhanye njengesibane.

2Izizwe zobubona ubulungisa bakhe, nabo bonke ookumkani baluqonde udumo lwakho. Ewe, uya kufumana igama elitsha oya kulinikwa nguNdikhoyo ngokwakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3KuNdikhoyo uya kuba sesingayiwayo isithsaba; kuThixo wakho uya kuba yindwe yezinxiba-mxhaka.

4Akusayi kuthiwa ungumshiywa, umhlaba wakho kuthiwe yinkangala. Kaloku kuya kuthiwa unguKholisile, umhlaba wakho kuthiwe nguManyiwe. Kaloku uNdikhoyo wanelisekile nguwe; wozimanya neli lizwe ngokomyeni.

5Kwanjengokuba umfana ethatha intombi noonyana bakho baya kukuthatha; njengokuba umyeni engaziva ngomtshakazi noThixo wakho akayi kuziva ngawe.

6Wena Jerusalem, ndokujikeleza ngabalindi; imini nobusuku bayo bona soze bathi cwaka. Nina ke, balindi, nina nimkhumbuzayo uNdikhoyo ngezithembiso zakhe, ze ningaphumli,

7noNdikhoyo ngokwakhe ningamphumzi, ade yena ayimisele iJerusalem ibe sisixeko esidunyiswa lihlabathi jikelele.

8UNdikhoyo ke yena wenze isifungo; ngamandla akhe uya kusifezekisa: “Ingqolowa yakho ayiyi kuphinda ibe sisisulu seentshaba zakho, iintlanga azisayi kuyisela iwayini yakho, yona leyo ubulaleke wedwa ngayo,

9kodwa abo bayihlwayeleyo boyivuna – baya kuyityа badumise uNdikhoyo ngayo; ewe, abo bayiqokelelayo idiliya bosela iwayini enkundleni yendlu kaThixo.”

10Nina maJerusalem, phumani esixekweni, niye kuhlahlela abantu indlela; gqalan' amatye nivule, nitsho ngohola, nimise imbasa, nezizwe zitsho ziqonde.

11UNdikhoyo ke wenze isihlokomiso kwihlabathi jikelele: “Yithi kwintombi enguZiyon: ‘Uyambona, nanko esiza uMsindisi wakho! Nanko ekuphathel' umvuzo; uza egushe imbuyekezo.’ ”

12Bantu abo kothiwa ngabakhethekileyo, uhlanga olukhululwe nguNdikhoyo; iJerusalem ke kuthiwe nguThandiwe, isixeko esingashiywanga sikhal' ibhungane.

© 1996 Bible Society of South Africa.

UIsaya 63

Impindezelo nosindiso lukaNdikhoyo

1Ngubani na lo uthi gqi kwaEdom? Ngubani na lo uthi nyalulu ngaseBhozera,
lo uvathileyo, utsho ngezimfusa, lo unyalasa ngesidima nondiliseko? “Ndim
kanye mna ndisindisa ngegunya; ndiyavakalisa ndibhengeza uloyiso.”

2Kutheni zibomvu nje iimpahla zakho, le nto ngathi zezabaxovula iidiliya?

3 UNdikhoyo ke yena uthi: “Izizwe mna ndizixovule njengeediliya, kungekho
namnye weza kundincedisa; ndazixangxatha ngeenyawo ndinomsindo,
latsaza igazi lazo, landitsho ndankone.

4Umhla wokuziphindezela wandifikela, yaye ixesha lokukhulula abantu bam
lithwasile.

5Ndaba ngathalaza, akwabikho undisizayo; ndamangaliseka kwakungabikho
uxhasayo. Ngoko ke ndazizuzela uloyiso ngokwam; ewe, ndaxhaswa
yingqumbo yam.

6Emsindweni ke mna ndazinyhasha izizwe; ewe, mna ndazitsho zagxadazela,
igazi lazo ndaligalela emhlabeni.”

Umthandazo nombulelo

7Ndiya kuthetha ngezibele zikaNdikhoyo; ndiya kumncoma ndimbonge
ngemisebenzi yakhe, ngenxa yeentsikelelo zakhe kuSirayeli, nangenxa
yenceba amthululele yona – ezingako zona izibele zothando lwakhe.

8Ewe, uNdikhoyo suka wathi: “Bona ngabantu bam ncakasana; lusapho lwam,
soze bandiqhathe.” Ngoko ke suka yena wabahlangula.

9Embandezelweni yabo akachasananga nabo, basindiswa bubukho
besithunywa sakhe. Ngenxa yothando novelwano yena wabakhulula; ewe,
yena wabaphakamisa wabalondoloza, wahamba nabo ngayo yonke loo mihla
yamandulo.

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

10Phi ke, basuka bamvukela nje! Ewe, bangcungcuthekisa uMoya wakhe oyiNgcwele. Suka ke yena waba lutshaba lwabo, waza ke walwa nabo ngokwakhe.

11Bada ke bona bayikhumbula imihla yamandulo; leyo ke yimihla kaMosis nabantu bakhe. Bakhalaza ke ngoko bathi: “Uphi ke ngoku lowo wabawezayo elwandle, ekhokela umhlambi nomalusi wawo? Yaz'ba uphi na ke ngoku uNdikhoyo, yena wabambesa ngoMoya wakhe oyiNgcwele?

12Ngobungangamsha bakhe wamomeleza wamxhasa uMosis, wawahlula-hlula amanzi phambi kwabo, waza wazenzela igama elingasoze litshitshe.

13Yena wabakhokela bacanda inzonzobila, baqhathula njengehashe entlango, babetha kuhle, abaze bakhubeke.

14Baba njengeenkomo eziya kwisithabazi samadlelo, wenjenjalo uMoya kaNdikhoyo ukubaphumza. Wabakhokela ngaloo ndlela ke abantu bakho, ndlela leyo ke yakwenzela igama.”

Ukuzibika

15Usezulwini apho, Ndikhoyo, khawuthob' amehlo; khawukrwaqule ukwelo khaya lesidima nobungcwele. Kodwa-kodwa ngani ukuba ungakhweleti? Khona ke aphi amandla akho? Iphi ke imfobe novelwano lwakho? Hayi kaloku, nceda sukusifulathela!

16Kaloku wena unguTata wethu, nakuba singaziwa nje nguAbraham; ukanti noSirayeli akasihoyi. Kambe ke wena, Ndikhoyo, unguBawo; wena waba nguMkhululi wethu kwamandulo.

17Usiyekelani kodwa, siphambuke endleleni yakho, Ndikhoyo? Ngani ukuba usiyeke sinkanize kangaka, side siphelelwe ziintloni nakukukoyika? Buyela kuthi, thina zicaka zakho; sincede, thina zizwe zililifa lakho.

18Indlu yakho eyodwa yaba yeyabantu bakho umzuzwana, suka ke zona iintshaba zayidobonga zayidiliza.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Ngoku thina sesifana nâbo bangaziwayo nguwe, abo ungazange wabalawula; ewe, sesifana nabangazange babizwe ngawe.

UIsaya 64

1Akwaba ubungawakrazul' amazulu, uhle esibhakabhakeni, khon' ukuze neentaba zitsho zinyikime,

2kutsho kube ngathi ngumlilo weentsasa, kube ngathi ngumlilo ubilisa amanzi. Yiza, zitsho neentshaba zakho zikuqonde, nezizwe zitsho zingcangcazele kukoyika,

3uxelise ngokuyâ wakha wenza iziqwenga. Kaloku ngoko wasiqubula singalindele; ewe, wena wasiqubula warhiwula, zatsho neentaba zothuka zangcangcazela.

4Kwamandulo akukho bani wakha weva; kwakudala akakho owakha wambona nanini na uThixo onjengawe lo, obancedayo abantu abakholosa ngaye.

5Kaloku wena ubahlangabeza ngoncedo bonke abazinikezele ekwenzeni okulungileyo, abo ke bazikhumbulayo iindlela zakho. Sakuqhubela phambili sikuchasa wakhathazeka. Yaz'ba sohlangulwa kanjani na ke?

6Sonke sifana nalowo ungahlambulukanga; ewe, neyona misebenzi yethu yobulungisa: mh-mh-mh, ilizothe phambi kwakho! Sisuke sashwabana njengegqabi liphetshethwa ngumoya; ngokunjalo izono zethu zisiqweqwedisile.

7Kaloku akusekho mntu ukunqulayo; ewe, akasekho obalekela kuwe. Kaloku wena ngoku usifulathele; usishiye ukuze siqwengwe zizono zethu.

8Kambe ke, unguTata, wena Ndikhoyo. Ke thina siludongwe; wena ke ungumbumbi, thina singumsebenzi wezandla zakho.

9Ungàqumb' ud' uqalekise, Ndikhoyo; nceda ungasixhibi ngezono esizenzileyo. Siyakuthandaza, noko buya nganeno; kaloku sonke singabantu bakho.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

10Kwizixeko zakho zegugu kusenkangala; nkqu neZiyon ikhal' ibhungane,
neJerusalem ngokwayo ngamabhodlo.

11Loo nzwakazi yendlu entle kunene, apho babekudumisa khona oobawo,
kunamhlanje nje itshe yaluthuthu, okwakuziindawo zebhongo
sekungamabhodlo.

12Ngaba azikushukumisi na ezi ziganeko, Ndikhoyo? Ngaba uza kuhlala nje
ungachukumiseki? Naxa sekunje usazimisel' ukudl' imu? Hleze senzakale xa
usohlwaya ngaphezu koku!

UIsaya 65

Umgwebo nosindiso

1 UNdikhoyo uthi: “Ndaba ngazibonakalisa kwathi nya. Kanti ndilindele
abangandifuni nganto. Ndandisithi bokhala kum; kwathi kanti bona abakhw'
apho. Ndandikulungele ukuthi: ‘Yizani, ndim lo.’ Gxebe kanti sisizwe
esingandinquliyo.

2Imini yonke ndahlala ndikhongozele. Phi ke, ingunkanishe wesizwe nje,
esiphikelene neendlela ezigwenxa, silandelana neengcamango zaso;

3uhlanga olungandihoye nganto, olwasoloko luphikelene nokundicaphukisa
ngokwenza amadini ezithixo emiyezweni, lusenz' iziqhumiso kumaqonga
ezitena;

4abantu ungafika behlel' emangcwabeni, ebusuku bejikelezana
nabangasekhoyo; zizintw' ezity' inyam' ehagu, ezithebeni lizothe lodwa;

5baze ke bathi: ‘Bhekelani, sanukusondela kuthi; musan' ukusichukumisa;
singcwele.’ Abantu abanjalo ke bayanditsarha; ngumlilo ondiqhumisela imini
yonke.”

6UNdikhoyo uthi: “Uyabona ke, sendigqibe konke, ibe ke andiyi kuthi cwaka;
isohlwayo sabo sesijinga phezu kwabo; ngoko ndiya kubabuyekeza

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7ngenxa yezabo nezono zooyise. Kaloku bênza iziqhumiso ezindulini, baza ke
mna bandingcikiva. Ngoko ke ndobabuyekeza kangangoko, ndibohlwaye
ngezono zabo.”

8UNdikhoyo uyathetha, uthi: “Idiliya entle ayitshatyalaliswa kunye naleyo
yonakeleyo, koko ngayo kwenziwa iwayini. Nam ke ngenxa yazo izicaka zam
andiyi kubatshabalalisa bonke.

9Ndosuka ndimvelisele inzala uYakobi; abakwaJuda baya kuma kwilizwe
lam, iintaba zalo zibe lilifa labanyulwa bam – ziya kuma kuzo izicaka zam.

10ISharon yoba lidlelo lempahla, iinkomo ziphumle kwintili yeAkore; ezo ke
zezabantu abalangazelela intando yam.

11“Ke nina bamfulathelayo uNdikhoyo, abangayikhathaleleyo intaba yam
eyodwa iZiyon – nina banqula uGadi noMeni, izithixo zelaka nekamva –

12nina nimiselwe ikrele; ewe, xa ninonke niya kutshatyalaliswa. Kaloku
anisabelanga ndakunibiza, aniphulaphulanga naxa ndithetha; suka nakhetha
ukwenza ububi ndaweni yokwenza oko ndikuthandayo.”

13Ngoko ke uMhlekazi uNdikhoyo uthi: “Izicaka zam zona zothi zisitya
zihlutha, nibe ke nina nithe nca yindlala. Izicaka zam aziyi kuswela manzi,
nibe ke nina nikhothekile lunxano. Zothi zona zichulumacha yimincili, nibe
nina ninyoshoza ngamahlazo.

14Izicaka zam zomemelela zinemihlali, ukanti nina nobhomboloza yintlungu,
nincwine nikhwiniswa yinkxwaleko.

15Ke lona igama lenu loba sisigculelo kubantu bam; uMhlekazi uNdikhoyo
uya kunitshabalalisa, zona izicaka zakhe azinike igama elitsha.

16Kweli lizwe ke othamsanqelayo uya kwenjenjalo ngegama likaThixo
onguThembekile, nofungayo uya kubiza uThixo onguThembekile. Kaloku
iinkathazo zamandulo zoba sezalityalwa; ngenene, zoba zifihlakele
ndingasazikhumbuli.”

Izulu elitsha nehlabathi elitsha

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17 UNdikhoyo uthi: “Ewe, ndiza kudala amazulu amatsha, ngokunjalo
nehlabathi elitsha. Ke yona indalo yamandulo iya kulityalwa ingabi
sakhunjulwa.

18Ngoko ke vuyani niqakathe ngenxa yale ndalo yam intsha; iJerusalem
ndoyitsho ibe liqhayiya, nabantu bayo bavelise uchulumacho.

19Nam ndoba nemincili ngenxa yeJerusalem, ndithatheke ndidlokove
ngabantu bam. Khona soze sibe saviwa isijwili; ukufixiza nesilokozi ziya
kuphela tu.

20“Nokufa kweentsana kuya kunqamka; abantu bokhula bade bakhokhobe.
Umntu ofe enekhulu leminyaka uya kunconywa ngokuf' emncinci; kanti ke
ongafikelelanga ekhulwini yena kothiwa wambethwe lishwangusha.

21Imizi abayakhayo abantu boyima; baya kutyala izidiliya, bazitye iziqhamo
zazo.

22Imizi abayakhayo ayiyi kumiwa ngabanye, nezinto abazilimileyo
zingaxhatshazwa ngabanye. Kwanjengobude bobomi bemithi yoba njalo
nemihla yabantu bam; ewe, abanyulwa bam baya kuwuxhamla ngenene
umsebenzi wezandla zabo.

23Bona abasayi kusebenzela ilize, bengasayi kuzalela isithwakumbe; koko
boba ngabantu abathamsanqelweyo nguNdikhoyo, ngokunjalo nezizukulwana
zabo.

24Mna ndosabela bengekakhali nokukhala; ndobeva besathetha nje kuphela.

25Ingcuka netakane ziya kutya ndawonye, ingonyama igramze ingca
njengenkomo, yona inyoka itye uthuli. Inene akusayi kubakho owonayo
notshabalalisayo eZiyon intaba yam eyodwa.” Lowo ke ngumlomo
kaNdikhoyo.

UIsaya 66

Umgwebo nenceba

© 1996 Bible Society of South Africa.

1 UNdikhoyo ke uthethe wenjenje: “Izulu lona likomkhulu lam; ihlabathi ke
lona ngamathânga am. Ndluni ke leyo ningandakhela yona? Yiyiphi indawo
endingade ndiphumle kuyo?

2Kaloku zidalwe ndim zonke ezi zinto; zikho nje ziphuma kwezi zandla.”
Ewe, utsho uNdikhoyo. “Ke yena umntu ondikholisayo ngulo uzithobayo
nozohlwayayo – nditsho ondihlonela ngentobeko.

3Kambe owenza intando yakhe, noba uxhel' inkomo yedini, nqwa nesibulala
mntu; noba wenza umnikelo ngegusha, umatwa nowenz' idini ngenja; noba
wenza umnikelo weenkozo, nqwa nobingelela ngegazi lehagu; ewe, noba
undenzela isiqhumiso, ufana nonqula umfanekiso. Izinto ezimanyumnyezi
zizo azilangazelelayo.

4Ke abenjenjalo ndiza kubazisela ishwangusha, ndibathobele ezi zinto
bazoyika gqitha, kuba ndibe ngakhwaza abasabela, ndaba ngathetha bona
abaphulaphula, suka benza izinto ezingamanyondololo, bakhetha ezo zinto
ndingazithandiyo.”

5Ke nina balihlonelayo ilizwi lakhe, uNdikhoyo uthethe ngolu hlobo: “Ngenxa
yokunyaniseka kwenu kum abanye kumawenu banithiyile. Abasanifuni
nganto; ungafika beningcikiva besithi: ‘UNdikhoyo makabonakalise ubukhulu
bakhe; ewe, makanisindise sibone kaloku, nathi khe sinibukele nonwabile.’
Kambe ke ngabo abaza kungena ehlazweni.

6Niyayiva loo ngxokolo esixekweni phaya, loo ngxolo ivakala endlwini
kaThixo? NguNdikhoyo ngenkqu ke lowo, iintshaba zakhe uziphakela
impindezelo.

7“Suka isixeko sam safana nomfazi osuke wabeleka engekalunywa; ewe,
engakhange eve nenimba le, suka yena watsho ngenkwenkwe.

8Wakha wayiva phi ke into enjalo? Sakhe sabonwa phi isimanga esinjalo?
Sisizwe saphi esivela ngamini-nye? Sizwe sini esiqingqwa ngomzuzwana nje?
Ewe, akuyi kuba kudala iZiyon ilunywa, ingasivelisanga isizwe,
ingambelekanga lo mntwana.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Njengoko indim umseki wenimba, ikwandim umbelekisi.” Lowo ke ngumlomo kaNdikhoyo.

10Vuyisanani nigcobe neJerusalem, nonke nina basithandayo esi sixeko. Qakathani nivuyisane naso kaloku, nonke nina bebekade besililela.

11Kaloku niza kuncanca nimfimfithe nanele; nozifikisela ngolonwabo kwindyebo yaso, nifane nosana luthuthuzelekile esifubeni sikanina.

12Kaloku yena uNdikhoyo uthi: “Mna ndiza kunithululela inkqubela nenzolo impompoze njengomlambo, ubutyebi bezizwe buphuphume njengentlambo. Noba njengosana luncanca lusingathiwe; ewe, niya kuthuthuzelwa ngemfobe.

13Njengonina embambazela usana lwakhe ndiya kwenjenjalo ukunithuthuzela, nitsho nithuthuzeleke eJerusalem.”

14Notsho nivuye xa isenzeka le nto; nosuka nihlume nihlaziyeke njengengca. Ngenene niya kutsho niqonde ukuba uNdikhoyo uyabanceda abamthobelayo, nokuba ingqumbo yakhe iphezu kweentshaba zakhe.

15Nanko uNdikhoyo esiza, edangazela njengomlilo; iinqwelo zakhe zilatyuza njengesaqhwithi. Umsindo wakhe uza kwenza iziqwenga, akhalime ngamalangatye omlilo.

16UNdikhoyo uza kugweba ngomlilo olenyayo, uluntu aluhlasele ngomkhonto wakhe; ewe, baninzi aya kubatshabalalisa.

17 UNdikhoyo uthi: “Abo bazikhethayo bazihlambulule, abo benze imingcelele emiyezweni, abatya oozinyama zeehagu, iimpuku, nazo zonke izidlo ezingàtyiwayo ngabantu bam, baya kufa kunye.

18Ndiyazazi iingcinga nezenzo zabo. Ngoko ke ndiyeza; ndiza kuziqokelela zonke izizwe. Zakufika ke ziya kuwabona amandla am.

19“Kambe ke ndomisa umqondiso phakathi kwazo, ndibasindise abanye bazo, ndibathumele kwiintlanga ezikude, ezo zingazange zive ngodumo lwam, zingawabonanga amandla nobungangamsha bam: eTashishe, eLibhiya,

© 1996 Bible Society of South Africa.

naseLidiya – kwezo ncutshe zeentolo – eTubhali, nakwelamaGrike. Phakathi kwezi ntlanga ke bobubhengeza ubungangamsha bam.

20Kwezi ntlanga ke bobuya nawo amawenu abe njengomnikelo kum. Bobuya nawo beze nawo entabeni yam eyodwa eJerusalem. Baya kuza behamba ngamahashe neemeyile neenkamela, bekhwele ezinqwelweni nasezikhotshini, oku kwamaSirayeli esizisa umnikelo weenkozo endlwini kaThixo, ewuphethe ngezitya ezifanelekileyo.

21Abanye bazo ke ndobenza ababingeleli nabaLevi," utsho uNdikhoyo.

22"Kwanjengokuba amazulu amatsha nehlabathi elitsha – nditsho la ndiza kuwadala – aya kuhlala ehleli phambi kwam, koba njalo kwigama lakho nakwizizukulwana zakho.

23Ngayo yonke imibhiyozo yokuthwasa kwenyanga – nditsho nangaleyo yoMhla woPhumlo – izizwe zonke ziya kuza zigxalathelana, zize kundinqula." Lowo ke ngumlomo kaNdikhoyo.

24"Ke bona baya kuyibona imizimba yâbo bantu bafe ngenxa yokuvukelana nam. Ezo mpethu ziyimemethayo azisoze zife, kanti nomlilo obatshisayo soze ucime. Lowo ke yoba ngumbono omanyumnyezi kulo lonke uluntu."

© 1996 Bible Society of South Africa.

UJeremiya

UJeremiya 1

Isingeniso

1Nalu udaba lukaJeremiya, unyana kaHilekiya, owayengomnye wababingeleli
baseAnatoti kummandla wakwaBhenjamin.

2Lamfikela ilizwi likaNdikhoyo uJeremiya kunyaka weshumi elinantathu
uJosiyaunyana ka-Amon engukumkani kwelakwaJuda,

3nangexesha likaJoyakim unyana kaJosiya ukumkani wakwaJuda, kwada
kwangunyaka weshumi elinanye uZedekiya unyana kaJosiya elawula
kwaJuda, bada abantu baseJerusalem bathinjwa ngenyanga yesihlanu.

Ukubizwa kukaJeremiya

4Lavakala kum ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

5“Ndakwazi ndingekakubumbi esizalweni sonyoko; ndazahlulela wena
ungekazalwa, ndakwalatha ukuba ube ngumshumayeli kwiintlanga.”

6Mna ndiphendule ngelithi: “Awu, Nkosi yam Ndikhoyo, andikwazi
ukuthetha; ndisengumntwana.”

7Uthe yena kum uNdikhoyo: “Mus' ukuthi usengumntwana! Yiya kubo bonke
abantu endikuthuma kubo, ubaxelele konke endikuyalela kona.

8Uze ungaboyiki, kuba mna ndiza kuba nawe, ndikuhlangule. Kutsho mna
Ndikhoyo.”

9Wasolula isandla sakhe uNdikhoyo, wachukumisa umlomo wam, watsho
esithi kum: “Ngoku ndiwafaka emlonyeni wakho amazwi am.

10Namhla ndikumisela phezu kweentlanga nezikumkani ukuba uncothule,
udilize, utshabalalise, ubhukuqe, wakhe, utyale.”

11Lavakala kum ilizwi likaNdikhoyo lisithi: “Jeremiya, ubona ntoni?” Ndithe
ukuphendula: “Ndibona isebe lomthi wom-amangile.”

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Uthe kum uNdikhoyo: “Ubone kakuhle. Nam ngokwam ndithe qwaukuze
ndizalisekise la mazwi am.”

13Libuye lavakala kum ilizwi likaNdikhoyo lisithi: “Ubona ntoni?” Mna
ndiphendule ndathi: “Phaya ngasentla ndibona imbiza ebilayo, ithambekele
ngakweli cala.”

14Uthe ke kum uNdikhoyo: “Kuza kugqabhuka intlekele ngasentla, igubungele
bonke abemi beli lizwe.

15Kaloku ndiza kubiza zonke izizwe zezikumkani zangasentla.” Lowo
ngumlomo kaNdikhoyo. “Ziza kufika ngazinye zimise izihlalo zazo
emasangweni aseJerusalem, nasezindongeni zayo, nakuzo zonke izixeko
zakwaJuda.

16Ndiza kubawisela isigwebo abantu bam ngenxa yenkohlakalo yabo yonke,
kuba bandifulathele, baza benzela thixo bambi iziqhumiso, banqula izinto
abazenze ngezandla zabo.

17“Ke wena qinisa umbhinqo, usuke uye kubaxelela konke endikuyalele kona.
Uze ungoyiki ngokoyikiswa ngabo, hleze mna ndikwenze ugubhe phambi
kwabo.

18Mna ke ndikwenze wanjengesixeko esinqatyisiweyo, waqina okwentsika
yentsimbi nodonga lobhedu, ukuze umelane neli lizwe liphela: ookumkani
neziphathamandla zakwaJuda, kunye nababingeleli nabantu balo.

19Baza kulwa nawe, kodwa abasayi kuze bakoyise, kuba mna ndiza kuba
nawe ndikukhusele.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

UJeremiya 2

Ukunyaniseka kwamaSirayeli mhlamnene

1Lavakala ilizwi likaNdikhoyo lisithi kum:

2“Hamba uluvakalise olu daba ezindlebeni zeJerusalem, uthi uNdikhoyo uthi:
“ ‘Ndikhumbula ukuzimisela kwakho ebutsheni bakho, ukundithanda kwakho

© 1996 Bible Society of South Africa.

usengumtshakazi, ukundilandela kwakho entlango, kumhlaba ongumqwebedu.

3Ewe, uSirayeli wayengokaNdikhoyo ncakasana, efana nolibo lwesivuno –
abaludlayo badla ityala, intlekele ibafikele.' " Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

Isono sookhokho bamaSirayeli

4Libekeleni iindlebe ilizwi likaNdikhoyo, mzi kaYakobi, nani nonke zizwe
zakwaSirayeli.

5Utsho uNdikhoyo ukuthi: "Bubi buni abâbubonáyo kum ooyihlo bade
bandityeshele nje belandela oothixo abangento, bade nabo babe zizinto
ezingento?

6Abazange babuze bathi: 'Uphi na lo Ndikhoyo owasikhupha kumhlaba
waseJiputa, wasihambisa entlango kwilizwe elingumqwebedu lemiwewe;
kwilizwe lembalela nesithokothoko sobumnyama, ilizwe ekungahambi bani
kulo, kungekho namntu umiyo kulo?'

7Ndanisa kumhlaba wendyebo, ukuze nixhamle iziqhamo nentlutha yawo.
Koko nina nithe nakufika nawuxabhela umhlaba wam, nalitsho lanezothe
ilifa endininike lona.

8Ababingeleli ababuzanga bathi: 'Uphi na uNdikhoyo?' Abaphathiswa-
mthetho abandazanga, abelusi bandivukela, nabashumayeli bashumayela
benefuthe likaBhali, balandela oothixo abangancedi lutho."

UNdikhoyo umangalela abantu bakhe

9"Ngoko ke ndisanimangalela," utsho umlomo kaNdikhoyo. "Ndiya
kumangalela kwanezizukulwana zenu.

10Khanikhe niwele niye kwiziqithi zamaKiti, okanye nithumele iintlola
eKedare, ziye kuqinisekisa ukuba yakha yakho na into enjengale.

11Lwakha lwakho phi na uhlanga olwananisa ngoothixo balo, noba
bengengoothixo ngenene? Kodwa bona abantu bam balananisile iqhayiya
labo ngenxa yezinto ezingenaluncedo!

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Yothukani, mazulu, yile nto, nigubhe luloyiko, nithi khumnqa!” Lowo
ngumlomo kaNdikhoyo.

13“Kaloku lintlantlu mbini ityala labantu bam: bandishiyile mna, mthombo
wamanzi ampompozayo, bazimbela awabo amaqula – amaqula avuzayo
ziintanda.”

Iziphumo zokunganyaniseki

14“Ngaba uSirayeli likhoboka? Ngaba wazalelwa ebukhobokeni na? Ngani
ukuba abe lixhoba?

15Iingonyama ziyagquma, ziyamgragramela. Seziwuqwenga-qwengile
umhlaba wakhe, zazitsho zaba ngamabhodlo angahlali bani izixeko
zakwaSirayeli.

16Ewe, abantu baseMemfisi naseTapanese sebekugugule ukhakhayi.

17Nguwe ngokwakho ozenzileyo, kuba umfulathele uNdikhoyo uThixo wakho
akuba ebekukhokela endleleni.

18Khawutsho ke, kungani ukuba uye kusela amanzi aseNayile eJiputa?
Kungani uye kusela amanzi aseYifrate eAsiriya?

19Uza kuqeqeshwa bubugwenxa bakho; uza kululekwa kukukreqa kwakho;
uza kubuqonda ubukrakra nobubi bokundifulathela nokungankwantyi
phambi kwam, mna Ndikhoyo, Thixo wakho.” Lowo ngumlomo wengangalala
uNdikhoyo onamandla onke.

USirayeli uvukela uNdikhoyo

20“Kudala, Sirayeli, wayaphulayo idyokhwe, waziqhawula izitrophu zakho,
usithi: ‘Andiyi kukukhonza.’ Ewe, ubuhamba ulala ezinkalweni zonke
nangaphantsi kwemithi yonke, uziqhekeza uxela ihenyukazi.

21Kanti ke mna ndakutyala; ungumdiliya omhle othenjiweyo. Kutheni ngoku
sewajika waba ngumdiliya wasendle nje?

© 1996 Bible Society of South Africa.

22Nditsho nokuba ungade uzihlambe ngesoda, uziguxe ngeyodwa isepha,
awusayi kusuka wona umdintsi wesono sakho.” Lowo ngumlomo weNkosi
uNdikhoyo.

23“Ungathini ukuthi: ‘Andizenyelisanga; andikhange ndimlandele uBhali’?
Khangela umkhondo wakho entilini, uzigqale izenzo zakho. Ubufana nqwa
nethokazi lenkamela lirhaqaza entlango,

24nqwa nemazi yeqwarha lasentlango edumbileyo ehamba isezela umoya,
ifuna inkunzi. Ngubani ongayithintelayo xa injalo? Akukho nkunzi izixhamla
ngayo kuloo meko – isuka iyifumane lula ngelo xesha.

25Sirayeli, musa ukuzityabula iinyawo ude nomqala wakho utshe
kukusukelana nezithixo. Kambe ke uthi: ‘Akusancedi nto; sendithandana
noothixo basemzini; andinakungabalandeli.’ ”

USirayeli uya kohlwaywa

26 UNdikhoyo uthi: “Kanye njengoko lidana linyoshoze xa libhaqiwe isela,
koba njalo ukuhlazeka kukaSirayeli nookumkani bakhe, neziphathamandla,
ababingeleli, kunye nabashumayeli.

27Bona bathi emthini: ‘Ungubawo wena.’ Elityeni bathi: ‘Nguwe ondizeleyo.’
Kaloku aba bantu beze ngenqentsu kum; abezanga ngabuso. Kodwa ngexesha
leenkxwaleko ikwangabo abathi: ‘Phakama, usincede!’

28Baphi kakade abo thixo bakho uzenzeleyo? Mabavuke kaloku, bakuhlangule
ngexesha lengxakeko. Baninzi kangangeedolophu zakho oothixo bakho, Juda!

29Nina ke, ningandibeka tyala lini, inini nje xa ninonke abakreqileyo kum?”
Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

30“Naxa ndabohlwayayo abantwana benu, abazanga baqeqesheke. Suka
nababulala ngekrele abashumayeli, banga baqwengwe ziingonyama.

31Phulaphulani izwi likaNdikhoyo, nina besi sizukulwana! Ndiyintlango na
kuni, maSirayeli, umhlaba osithokothoko sobumnyama? Ke kutheni ukuba

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

abantu bam bathi: ‘Siza kuhamba ngesiyibonayo. Siyabhadula; soze siphinde size kuwe!’

32Ikhe izilibale iintsimbi zayo intombi? Yena umtshakazi ukhe awulibale umbhinqo wakhe? Kodwa bona abantu bam sele kukade bandilibalayo.

33Hayi ke indlela orhaqaza ngayo uleqeka emva kwezithandwa zakho! Sele unako ukufundisa nabafazi abangoongantweni.

34Izambatho zakho zilijaja ligazi leendwayi nabantu abamsulwa, ingelilo kambe elezikrelemnqa ozibhaqe ziqhekeza.

35Naxa kunjalo usathi: ‘Ndimsulwa; uNdikhoyo akasenawo umsindo ngakum.’ Kodwa ke mna Ndikhoyo ndiza kukohlwaya naxa usithi akwenzanga sono.

36Yini na ukuba urhaqaze kangaka, uzijika-jike iindlela zakho? IJiputa iza kukuphoxa kanye ngalaa ndlela yaniphoxa ngayo neAsiriya.

37Uya kuyishiya iJiputa unyoshoza ludano. Mna Ndikhoyo ndibalahlile abo uthembele kubo; akukho nto baya kukuphumelelisa kuyo.

UJeremiya 3

Ukungathembeki kukaSirayeli

1“Xa indoda imalile umkayo, aze yena emke aye kwendela kwenye indoda, ngaba ingaphinda ibuyele kuye? Ngaba ilizwe lobe lingaxajelwanga ngokupheleleyo? Hayi bo! Ubhatyaze nezithandwa zakho ezininzi, Sirayeli, ukanti noko usafuna ukubuyela kum?” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

2“Phakamisela amehlo akho ezincotsheni zeenduli; kuphi apho ungazanga wambathwe khona? Ubufudula uhlala ecaleni lendlela, ulindele izithandwa zakho, oku komArabhu ohleli entlango. Hayi bo, eli lizwe ulixabhele ngobubi bokuhenyuza kwakho.

3Yiyo loo nto neemvula zanqanyulwayo nje; yiyo loo nto neyasentlakohlaza ingasaniyo nje. Akusenasazela oku kwehenyukazi; sewaphelelwa naziintloni.

4“Ukanti kwawena usathi kum: ‘Kaloku, tata, uyintandane yam kwasebutsheni bam.

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Akunako ukuhlala unomsindo; akuyi kundiqumbela kude kuye esiphelweni.’
Yintetho yakho ke leyo, kodwa wenza amanyundululu kangangoko!”

USirayeli noJuda mabazohlwaye

6Kwathi ngexesha uJosiya ukumkani wayesesihlalweni, ndafikelwa lilizwi likaNdikhoyo lisithi: “Uyibonile into andenze yona umkreqikazi uSirayeli? Uhambe ehenyuza ezindulini eziphakamileyo nangaphantsi kwemithi eyokozelayo.

7Ndandiba uya kuthi emva kwayo yonke loo nto abuyele kum. Kodwa akabuyelanga kum, yaye nodade wabo ongathembekanga uJuda wayibona loo nto.

8UJuda wabona ukuba umkreqikazi uSirayeli ndamnika incwadi yoqhawulo-mtshato ngenxa yokukrexeza, kodwa yena akazange othuke, suka naye ngokwakhe wangena kolo krexezo.

9Ngenxa yokuba yaba yinto elula kumkreqikazi uSirayeli ukuhenyuza, walixabhela ilizwe, kuba wayekrexeza ngokunqula izinto ezingamatye nemithi.

10Kuyo yonke loo nto uJuda udade wabo ongathembekanga akazange abuyele kum ngentliziyo yonke, wasuka wandixokisa.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

11UNdikhoyo uqhube wathi kum: “Noko ityala lomkreqikazi uSirayeli linganeno kwelikaJuda ongathembekanga.

12Bhekisa emantla, ubhengeze olu daba, uthi: “ ‘Guquka, mkreqikazindini Sirayeli!’ Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. ‘Andizi kuba sakukhangela ngobuso obusangeneyo, kuba ndinenceba.’ Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. Úthi: ‘Andiyi kuhlala ndiniqumbele.

13Buvume nje kuphela wena ubugwenxa bakho, ngokuba umvukele uNdikhoyo uThixo wakho, wasuka wazandlalela abasemzini ngaphantsi kwemithi eyokozelayo, awalithobela ilizwi lam.’ Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14“Buyela kum, lusaphondini olukreqayo!” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.
“Ndim inkosi yenu. Ndiza kukhetha umntu abe mnye edolophini, babe babini
kwisizwe ngasinye, ndinibuyisele kwaseZiyon,

15ndinithumele abelusi abasenyongweni kum, banaluse ngolwazi nengqiqo.

16Niya kuthi ke nakuba nandile naba baninzi ngaloo mihla,” lowo ngumlomo
kaNdikhoyo, “ningabi sathi: ‘Nantsi ityesi yomnqophiso.’ Ewe, ayiyi kuba
sathi chapha nasezingcingeni zenu, ingakhunjulwa nokukhunjulwa oku,
ingadingeki nokudingeka, ingaze ibuye yenziwe nokwenziwa.

17“Ngaloo mihla kuya kuthiwa iJerusalem isisihlalo sokulawula
sikaNdikhoyo, zonke iintlanga zibuthelane khona, zize kunqula igama
likaNdikhoyo, zingabuye zihambe ngokokuqaqadeka kweentliziyo zazo
ezikhohlakeleyo.

18Ewe, ngaloo mihla indlu kaJuda iya kumanyana nendlu kaSirayeli, zisuke
kunye ngasentla, ziye kutsho kumhlaba endawunika ooyihlo-mkhulu ukuze
ube lilifa labo.”

Ukreqo lwabantu bakaThixo

19“Ndandiba ndiza kukwenza unyana wam, Sirayeli, ndikwabele umhlaba
onqwenelekayo, ilifa eliyokozelayo ukudlula eleentlanga zonke. Ewe,
ndandiba ùza kuthi kum: ‘Tata;’ ungaze ukutyeshele ukulandela ekhondweni
lam.

20Wena, Sirayeli, akukhange uthembeke kum oku komfazi ongathembekanga
kumyeni wakhe.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

21Ewe, kuvakala ilizwi lihlokoma ezincotsheni zeenduli; sisililo nezitarhuziso
zoonyana bakaSirayeli, kuba bâzenza gwenxa iindlela zabo, bamlibala
uNdikhoyo uThixo wabo.

22“Buyelani kum, bantwanandini abakreqayo, ndininyange luphele ukreqo
lwenu.” “Sesilapha; size kuwe. Kaloku nguwe, Ndikhoyo, uThixo wethu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

23Ngenene iingxokozelo ezindulini nasezintabeni bubuqhetseba; ngenene
kuphela nguNdikhoyo uThixo wethu omhlangulayo uSirayeli.

24Ukususela ebutsheni bethu isithixo esilisikizi sizigqibile iziqhamo
zokubulaleka koobawo, nditsho iinkomo zabo neegusha zabo, oonyana
neentombi ngokunjalo.

25Masizikhahlele phantsi ngenxa yeentloni, lisigubungele ihlazo lethu, kuba
sinesono phambi koNdikhoyo uThixo wethu, thina noobawo bethu.
Ukususela kwasebuntwaneni bethu, kude kube ngoku, asizange
siliphulaphule ilizwi likaNdikhoyo uThixo wethu."

UJeremiya 4

USirayeli makaguquke

1"Ukuba ngaba uyaguquka, Sirayeli, guqukela kum, kutsho mna Ndikhoyo.
Ukuba uyazisusa emehlweni am izithixo zakho ezilizothe, ungabi sakreqa;

2ukuba ufunga usithi: 'Ekho nje uNdikhoyo,' ube ke ufunga ngenene
nangenyaniso nangokuthembekileyo; ukuba wenjenjalo iintlanga ziya kuthi
mandizisikelele, zindidumise."

3Kaloku uthi uNdikhoyo kubantu bakwaJuda nakubemi baseJerusalem:
"Wugelesheni lo mhlaba wenu ube yintsimi, ningatyali phakathi
kweenkunzane.

4Ulwaluko lwenu malenzelwe uNdikhoyo, lungabi yinto yasenyameni nje,
bantu bakwaJuda nani bemi baseJerusalem. Kungenjalo ingqumbo yam
ngenxa yobubi bezenzo zenu iya kugqabhuka ixele umlilo olenya ungabi
nakucinywa bani."

Uhlaselo oluvela ngasentla

5"Bhengezani kwelakwaJuda, nihlokomise eJerusalem, nithi: 'Vuthelani
isigodlo elizweni lonke.' Dandulukani ngamandla nisithi: 'Hlanganani,
nisabele kwizixeko ezinqatyisiweyo!'

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6Yenzani umqondiso okhomba eZiyon, nicele kwabasicatyana, ningabambezeli, kuba mna ndiza nentlekele ngasentla – ndinizisela intshabalalo enkulu.”

7Yintw' ekunyalasa inge yingonyama ishiy' isikhundla lo mtshabalalisi weentlanga uzayo. Selephumile kowabo ukuza kubharhisa umhlaba wakho ube yinkangala, azitsho izixeko zakho zibe ngamabhodlo, kungasali nempunde le.

8Ngoko ke zila, wambathe amarhonya, ugixe, ulile, kuba ingqumbo kaNdikhoyo ayishenxanga kuthi.

9Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: “Ngaloo mini ukumkani neziphathamandla baya kungenwa yingevane. Ababingeleli bothi khumnqa, abashumayeli bona bathi makatha.”

10Ndithe ke mna: “Awu, Nkosi Ndikhoyo, ubakhohlise mpela abantu neJerusalem ngokuthi: ‘Niya kuba noxolo,’ ukanti ikrele selibekwe emqaleni!”

11Ngelo xesha abantu neJerusalem baya kuxelelwa kuthiwe: “Kuza kuvuthuza umoya onolophu, uvela ezincotsheni ezibharhileyo entlango, usinge ebantwini bam. Umoya ovela kum awuyi kuba yiyo impepho nje yokwela okanye yokucoca ingqolowa,

12koko uya kuba ngumoya onamandla kunoko. Kuba ndim kaloku oza kubagweba abantu bam.”

UJuda ungqingwe lutshaba

13Nalo lusiza utshaba, luziingqimba okwamafu, iinqwelo kuqhum' uthuli ngathi yinkanyamba. Asingomendu, amahashe adlul' ukhozi! Kunyembelekile; izwe lifile!

14Jerusalem, zihlambulule ububi obusentliziyweni, khon' ukuze usinde! Uya kuhlala ugaya ububi kude kube nini?

15Kunkenteza ilizwi kwaDan nakwiintaba zakwaEfrayim, lixela intlekele.

© 1996 Bible Society of South Africa.

16Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: “Zixeleleni iintlanga, nibike naseJerusalem,
nithi: ‘Utshaba lugalelekile; lutsho ngentlaba-mkhosi yalo kwizixeko
zakwaJuda.

17Lungqinge iJerusalem okwabalindi belinde amasimi.’ Ewe, kuthetheni oku,
kuba kaloku iJerusalem indivukele.

18Yimisebenzi yakho neendlela zakho ezi zikuzisele le ntlekele. Sisohlwayo
sakho eso. Sikrakra kambe, siye kuthi xhokro emxhelweni.”

UJeremiya uvelana namawabo

19Hayi bo! Ndithe qhiphu umbilini; intliziyo yam iyabetha; ndingenwe
luvalo! Andikwazi kuthi cwaka; ndiva isandi sokuvuthelwa kwesigodlo
nokuhlokoma kwentlaba-mkhosi!

20Kuvakala le ntlekele, kuvakale le; ilizwe lonke lifile. Ngequbuliso iintente
zakowethu zibhuqiwe, ngephanyazo imikhusane yethu ayisekho.

21Koda kube nini ndibukelana namadabi? Koda kube nini ndisiva isandi
sesigodlo?

22Ke yena uNdikhoyo uthi: “Baziziyatha kambe abantu bam; abade bandazi.
Bazizityhakala zabantwana abangenangqiqo. Ngamachebesha okwenza okubi,
kodwa ngamaqhitala kokulungileyo.”

Umbono wentshabalalo ezayo

23Ndathi ndakuwukhangela umhlaba, ndafika ubharhile, kusempengezini;
ndakukhangela amazulu akwabikho kukhanya.

24Ndakhangela iintaba, ndafika zigungqa, neenduli zinyikima.

25Ndakhangela andabona mntu konke; kwakubhace nkqu neentaka ezi.

26Ndakhangela umhlaba otyebileyo, ndafika uyintlango, izixeko zonke
zingamabhodlo. Oku kwenzeka emehlweni kaNdikhoyo ngenxa yomsindo
wakhe ovuthayo.

27Kaloku utsho uNdikhoyo ukuthi: “Kuya kuba senkangala kumhlaba wonke,
kodwa ke ndingawubhangisi kuphele.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[28]Ngenxa yoko umhlaba uya kwenza isijwili, isibhakabhaka sisibekele kube mnyama, kuba kutsho mna. Ndigqibile, yaye andiyi kukuyekelela endikuthethileyo; andiyi kujika.”

[29]Kuya kuthi ukuvakala kwesandi sabakhwele amahashe nesandi sabatoli kusabe zonke izixeko. Abanye bobalekela ematyholweni, abanye banyukele emaweni. Zosala zilambatha iidolophu, kungabi sahlala bani kuzo.

[30]Wenza ntoni, Jerusalem, uselushwatyulelwe nje? Kutheni watsho ngezivatho ezibomvu? Yini, watsho ngamajikolo, waqaba amehlo? Ufane wahombela ilize! Zikulahlile izithandwa zakho; sezifuna ukukubulala.

[31]Kaloku ndive isikhalo ngathi sesomfazi esikwa yinimba, ngathi sisingqala sozibulayo. Sisikhalo seJerusalem iminxekile, iphelelwa ngumoya, ithe na izandla, ikhala isithi: “Ndafa! Bayandigwinta!”

UJeremiya 5

Akukho namnye ulilungisa

[1]Uthi uNdikhoyo: “Zityhutyheni izitalato zeJerusalem, nikhangele nigqale, nizigocagoce iindawo zembutho, nibone ukuba ngaba kukho mntu na olilungisa nonyanisekileyo. Ukuba ngaba ukho nokuba mnye ndoyixolela.

[2]Nokuba bangade bafunge bathi: ‘Ndifung' uNdikhoyo,’ bafunga ubuxoki.”

[3]Ngaba, Ndikhoyo, emntwini akukhangeli ntembeko na? Wabohlwaya, abeva noko. Wababetha kabuhlungu bayimangala ingqeqesho. Bayinyengane ngeenkani; abavumi kuguquka.

[4]Suka ndathi: “Ngamahlwempu adengekileyo la. Abayazi indlela kaNdikhoyo; abakuqondi okufunwa nguThixo wabo.

[5]Ndiza kuthetha nabakhulu. Ngabo abayaziyo indlela kaNdikhoyo; ngabo abakwaziyo okufunwa nguThixo wabo.” Kodwa nabo xa bebonke bayaphule idyokhwe, baziqhawula izitrophu.

[6]Ngoko ke bohlaselwa yingonyama, ingcuka ibatsho babe ngamaswili, kuzula-zule ihlosi libalalele ngasezidolophini zabo. Ukuba nje bakhe

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

baphumela ngaphandle lobathi qwenge-qwenge. Kaloku benze uvukelo, baphikela ukumfulathela uThixo.

7“Ndingakuxolela njani kodwa, abantwana bakho bendibukule nje? Andithi bafunga bekhahlela oothixo abangento? Ndabondla, suka bona bakrexeza, baquqela emzini wehenyukazi.

8Bafana neenkunzi zamahashe ezondlekileyo – banqwenela abafazi boogxa babo.

9Mandingabohlwayi ke ngenxa yento enje; ndingaziphindezeli kwisizwe esinjengesi?” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

10“Ngena usivuthulule isidiliya sakhe, kodwa ungasibhuqi sonke. Wasuse amasebe aso, kuba aba bantu abangabo abakaNdikhoyo.

11Kaloku indlu kaSirayeli nekaJuda azikhange zithembeke kum mpela.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

12Kaloku aba bantu bayamxoka uNdikhoyo, bathi: “A, suka! Akazukwenza nto lowo, kungekho nanto iza kusihlela. Asiyi kuhlaselwa bani, kungazi kubakho ndlala apha.

13Bona abashumayeli ngumoya nje; ilizwi alikho kubo. Maseliba ngabo abahlelwa yile ntlekele.”

14Ngako oko utsho uNdikhoyo uThixo onamandla onke ukuthi: “Ngenxa yentetho yabo enje, amazwi am ndiza kuwenza abe ngumlilo emlonyeni wakho, bona aba bantu batshiswe nguloo mlilo okweenkuni.

15“MaSirayeli, ndinizisela uhlanga oluvela kude.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. “Luhlanga lwamandulo olomeleleyo, oluntetho ningayivayo, kuba ningayazi.

16Isingxobo seentolo zabo sinjengengcwaba elivulekileyo; zizigantsontso zamagorha amajoni abo!

17“Hayi sona isivuno nokutya kwenu: baza kukugqiba! Koonyana neentombi zenu: ginyi qobo! Iinkomo neegusha zenu: ginyi qobo! Imidiliya

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

namakhiwane: bimbilili! Izixeko zenu ezinqatyisiweyo, bozitshayela ngekrele; nditsho ezi kanye zilithemba lenu!

18“Kanti ngaloo mihla andiyi kunitshabalalisa kuphele.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

19“Xa besithi: ‘Kungani ukuba uNdikhoyo uThixo wethu asiphathe kanje?’ uze uthi kubo: ‘Njengoko nani benikreqile kuNdikhoyo, nanqula oothixo basemzini ezweni lakowenu, ngokukwanjalo ke niza kukhonza iintlanga kweleentlanga.’ ”

UThixo ulumkisa abantu bakhe

20Yithetheni le nto kwindlu kaYakobi, niyixele nakwaJuda, nithi:

21“Phulaphulani, bantundini baziziyatha bangaqiqiyo! Ninamehlo kodwa aniboni, nineendlebe kodwa aniva!

22Ngani ningandoyiki nje?” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. “Ngani ningankwantyi nje bubukho bam? Indim nje owabeka intlabathi yangumda wolwandle, umqobo olungasoze luwudlule naphakade. Nditsho nokuba seledloba egquma amaza, akasoze awugqithe.

23Kodwa aba bantu banenkani, abalawuleki. Bakreqile bemka kum.

24Àbatsho ezintliziyweni zabo ukuthi: ‘Masimoyike uNdikhoyo uThixo wethu osinika imvula ngexesha ekwindla nasentwasa-hlobo, osipha amathuba okuvuna minyaka le.’

25Ubugwenxa benu buzigxothile ezi zinto; izono zenu zikuthintele kuni okulungileyo.

26“Kukho izikhohlakali phakathi kwabantu bam. Zizinto ezilalelayo okwabathiyeli-zintaka; zigcayisela abantu.

27Izindlu zabo bazizalisa ngobuqhopholo ngathi ziingobozi zizele ziintaka; yiyo loo nto bezizityebi neendwalutho.

© 1996 Bible Society of South Africa.

28Ngamaqukunya agudileyo kukutyeba; inkohlakalo yabo ayinamda.
Inkedama abayithetheleli ukuze ibe nempumelelo; amalungelo endwayi
abawakhuseli.

29“Mandingabohlwayi ke ngenxa yezi zenzo zabo, ndingaziphindezeli
kubantu abanjengaba?” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

30“Kuhle isikizi elothusayo kulo mhlaba.

31Abashumayeli bashumayela ubuxoki; ababingeleli bona bakhokela
ngokwentando yabo, kanti nabantu bam bayakholwa yiloo nto. Kodwa
nothini ngomhla wokugqibela?”

UJeremiya 6

Ukungqingwa kweJerusalem

1“Balekani nisabe, bantu bakwaBhenjamin, niyishiy' iJerusalem! Vuthelani
isigodlo eTekowa, nenz' umqondiso phezu kweBhete-hakerem ngomlilo. Kub'
intlekele evela ngasentla igalelekile, ngokunjalo nentshabalalo
engathethekiyo.

2Intombi eyiZiyon ndiyifanisa nedlelo elikhethekileyo.

3Yokhatshelwa kulo imihlambi ngabelusi, bafike bee thande, bagxumeke
iintente, elowo adlise kweyakhe indawo.

4“Zigonyeni, niqulele imfazwe, sihlasele esi sixeko ilanga lisahlab' umhlaba.
Hayi bo! Amathunz' awile, imini selisangene!

5Phakamani, sihlasele ngobusuku, sizidilize ezo nqaba.”

6Utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: “Gawulani imithi, nifumbe
iingqumba zomhlaba kwiindonga zeJerusalem. Sisixeko esifanelwe
kukohlwaywa, intw' ezele yingcinezelo yodwa.

7Njengoko ahlala empompoza amanz' omthombo, buhlala bunjalo
ukumpompoza ububi baseJerusalem. Kuhlala kuvakala ugonyamelo nembuqe
kuyo; iimbandezelo neentlungu zihlala ziphambi kwam njalo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Lumka, Jerusalem, hleze ndikulahle, naloo mhlaba wakho ndiwutsho ufane
nenkangala engahlalwa bani.”

9Utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: “Khwahlaza loo masalela
akwaSirayeli, uxele umntu okhwahlaza emdiliyeni, ebhikica loo
minqandandana isele emasebeni.”

10Ndibhekise kubani? Ngubani owondiphulaphula, abamkele ubungqina
bam? NingamaSirayeli alukileyo, ukanti iindlebe zenu zivalekile, aniva tu!
Kubo ilizwi likaNdikhoyo lisisinyeliso; abalikhathalele nganto.

11Ndiyaphuphuma yingqumbo kaNdikhoyo ngenxa yabo. Kudala
ndizibambile, ngoku ndidiniwe. “Yibhodlele kubantwana ezitalatweni,
nakubafana ezimbuthweni. Kochatshazelwa bonke: amadoda nabafazi. Ewe,
kochatshazelwa nabagugileyo, nditsho iinkothovu zamaxhego.

12Imizi yabo yothathwa bantu bambi, ngokunjalo amasimi nabafazi babo, xa
ndibohlwaya abantu beli lizwe.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

13“Kususela koyena uphantsi umntu, kuse kwabona baphakamileyo, xa
bebonke basemva kwenzuzo. Kwanabashumayeli, nababingeleli
ngabakhohlisi xa bebonke.

14Amanxeba abantu bam banga bayawanyanga ngokuthi: ‘Ngxe, ngxe,
akukho ngozi!’ Ukanti alixolanga.

15Zizinto ezingenazintloni naxa zenze amanyundululu; azibi nalo nonyungu
olu! Ngoko ke baza kuwa nabawileyo; bokhubeka mhla ndabavelela.” Utsho
uNdikhoyo.

USirayeli wahlukene nendlela kaNdikhoyo

16Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Yimani eziphambukeni nikhangele, nibuzise
ngomendo wamandulo, niqonde ukuba yiyiphi na indlela eyiyona-yona,
nihambe ngayo ke, ukuze nifumane inzolo emphefumlweni. Ke nina nathi:
‘Asiyi kuhamba ngayo!’

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Ndanimisela abalindi, ndathi: ‘Phulaphulani izwi lesigodlo!’ Kodwa nina
nathi: ‘Asiyi kuphulaphula.’

18“Bekani iindlebe ke ngoko, nina zintlanga, niyiqonde, mabandlandini, into
endiza kubenza yona.

19Phulaphula, mhlaba, ubone ishwangusha endiza kulithumela aba bantu.
Sisiphumo samayelenqe abo, kuba kaloku abalinanzanga ilizwi lam –
andisathethi ke ngomyalelo wam abawubukuleyo.

20Andiyihoyanga intlaka yesiqhumiso yaseSheba, ndingawakhathalele
namakha avela kwelasemzini. Andinamdla kumadini enu; andikholiswa
nangala atshiswayo.”

21Ngoko ke utsho uNdikhoyo ukuthi: “Aba bantu ndiza kubabekela imiqobo
abaya kukhubeka kuyo, kuwe uyise nonyana kunye nabamelwana nezihlobo,
batshabalale xa bebonke.”

Uhlanga oluvela ngasentla

22Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Nâlo uhlanga oluvela ngasentla, isizwe
esinamandla esixhokonxwe lee emalandalahla.

23Baxhobe ngeentolo nemikhonto; izinto ezinolunya ezingenalusini. Batsho
ngesandi esinga kugquma ulwandle, beza bekhwele amahashe bengamabutho
okuhlasela wena, Ziyon.”

24Ewe, zifikile kuthi ezo ndaba, zangenwa ngumkhinkqi iingalo, lwangongoza
uvalo oku komfazi olunywayo.

25Musa ukuphumela ngaphandle, ungakhe ubonwe ezindleleni, kuba utshaba
luxhobile; lunxunguphalo macal' onke.

26Zithini wambu ngerhonya, bantu bam, nizibhuqa-bhuqe eluthuthwini, nibe
ngathi nizilele unyana okuphela kwakhe ngesikrakra sona isililo, kuba uza
kusifikela ngequbuliso yena umtshabalalisi.

27“Ndikwenze umgocagoci wabantu bam, ukuze uziqonde uzivavanye
kakuhle iindlela zabo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

28Bangabakreqi abanenkani; balukhuni okwesinyithi nentsimbi. Zizinto ezihamba zisasaza ulwimi; bonakele xa bebonke.

29Imfutho ivuthela umlilo wokunyibilikisa ilothe. Uyawenza umsebenzi wakhe umkhandi, kodwa yonke loo nto lilize, kuba zona izikhohlakali azipheli.

30Kuthiwa abantu bayintlenge yesiliva, kuba uNdikhoyo ubabukule.”

UJeremiya 7

Intshumayelo kaJeremiya endlwini kaNdikhoyo: Umzekelo weShilo

1Kwafika ilizwi likaNdikhoyo kuJeremiya lisithi:

2“Yiya emasangweni endlu kaNdikhoyo, ufike udanduluke uthi: Nali ilizwi likaNdikhoyo; liveni nina bantu bakwaJuda abangena ngala masango ukuza kunqula uNdikhoyo.

3Utsho uNdikhoyo onamandla onke, onguThixo kaSirayeli, ukuthi: ‘Yilungiseni ihambo yenu, ngokunjalo nezenzo zenu, khon' ukuze ndinizinzise nime kule ndawo.

4Musani ukulahlekiswa ngamazwi obuxoki athi: “Yindlu kaNdikhoyo le; yindlu kaNdikhoyo le; ewe, yindlu kaNdikhoyo le, soze kwenzeke nto kuyo!” ’

5“Kodwa ukuba niyayilungisa ngenene ihambo yenu, ngokunjalo nezenzo zenu, naza nenza ubulungisa omnye komnye,

6ningabacinezeli abangeneleli, okanye iinkedama nabahlolokazi, ningaphalazi igazi elimsulwa apha, ningazenzakalisi ngokunqula izithixo,

7mna ndonizinzisa kule ndawo ingumhlaba endawabela ooyihlo ukuba bawume ngonaphakade.

8“Kodwa naku nina nikholose ngamazwi alambathayo.

9Ningamasela, izigwinta, abakrexezi, abafunga bexoka; ninqula uBhali kunye noothixo basemzini.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Kanti noko niza apha kule ndlu ibizwa ngegama lam, nifike nithi: ‘Sisindile!’ Nisinde ukuze nenze la manyundululu?

11Ngaba le ndlu ibizwa ngegama lam ingumqolomba wezihange na? Ndinijongile!” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

12“Khanenjenjeya, niye eShilo apho lalinqulwa khona igama lam mandulo. Niya kuyibona into endayenza yona loo Shilo ngenxa yobugwenxa babantu bam amaSirayeli.

13Ngoko ke, ngenxa yezi zenzo zenu zonke, utsho uNdikhoyo, ndithethile nani amaxesha ngamaxesha, anaphulaphula, ndanibiza anasabela,

14ngako oko le ndlu ibizwa ngegama lam enithembele kuyo ndiza kuyihlisela isehlo esehla eShilo, naxa ndandiyinike nina nooyihlo-mkhulu.

15Ndiza kunigxotha phambi kwam njengoko ndawagxothayo amawenu amaEfrayim.”

Iinkani zamaSirayeli

16“Wena ke uze ungabathandazeli aba bantu, ungabathetheleli, ungabacengeli kum, ungabangxengxezeli kum konke, kuba andisobe ndikuphulaphule.

17Akuziboni ke wena izinto abazenza kwiidolophu zakwaJuda nakwizitalato zeJerusalem?

18Abantwana bayatheza, ooyise baphembe, abafazi bona baxove intlama yokwenzela ukumkanikazi wesibhakabhaka amaqebengwana. Bongezelele ukundidela ngokunikela ngeminikelo ethululwayo koothixo basemzini. Ngayo yonke loo nto bayandixhokonxa.

19Ngaba ndim ngenene lowo bamphoxayo? Abaziphoxi bona ziqu? Bazenzakalisile!” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

20Itsho ke ngoko iNkosi uNdikhoyo ukuthi: “Ndiza kuwuthululela kule ndawo umsindo wam nengqumbo yam, phezu kwabantu nemfuyo, imithi yasendle nemveliso yomhlaba. Uza kuba ngumlilo ongacimiyo umsindo wam.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

21Utsho uNdikhoyo onamandla onke onguThixo kaSirayeli ukuthi: “Qhubani,
nongeze amanye amadini kula atshiswayo, nitye inyama.

22Kaloku mhla ndabakhuphayo eJiputa ookhokho benu into endayithethayo
kubo ayibanga yimimiselo ngokwenza amadini kunye namadini atshiswayo.

23Hayi, ndabayalela ndisithi: ‘Liphulaphuleni ilizwi lam, khon' ukuze ndibe
nguThixo wenu, nina nibe ngabantu bam. Ewe, hambani ngendlela yonke
endinimisele yona, nize nilungelwe.’

24Ke bona abandiphulaphulanga; abandihoyanga kwaphela. Basuka baba
nenkani, benza amaqhinga beqhutywa yinkohlakalo yeentliziyo zabo, babuya
umva endaweni yokuqhubela phambili.

25Kodwa ukususela mhla baphuma eJiputa, kude kube ngoku, ndisoloko
ndithuma izicaka zam abashumayeli kuni imihla ngemihla.

26Kambe aba bantu abandiphula-phulanga, abandihoya nokundihoya; suka
baqaqadeka, benza ububi nangaphezu kooyise-mkhulu.

27“Ungawathetha kwaba bantu onke la mazwi, kodwa abasoze bakuve;
ungababiza, kodwa abasoze basabele.

28Uze uthi ke kubo: ‘Olu luhlanga olungaliphulaphuliyo ilizwi likaNdikhoyo
uThixo walo.’ Abaqeqesheki. Ukuthembeka akukho kubo – akusakhankanywa
phakathi kwabo.

29“Cheba intloko yakho, Jerusalem, ubonakalise ukuzila. Yenza isimbonono
eluqayini, kuba uNdikhoyo usicekisile wasilahla esi sizukulwana simbange
ingqumbo.”

INtili yeNtshabalalo

30“Abantu bakwaJuda benze into embi.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.
“Bamise izithixo zabo ezinezothe endlwini yam, bayixabhela.

31Benze isibingelelo ekuthiwa yiTofeti kulaa ntili kaBhen-hinom, khon' ukuze
apho benze amadini ngoonyana neentombi zabo, babatshise. Andizange
ndibayalele njalo; andizange ndikucinge nokukucinga oku.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

32Kodwa liyeza ixesha xa ingayi kuba sabizwa ngokuba yiTofeti okanye intili
kaBhen-hinom, koko ibizwe ngokuba yiNtili yeNtshabalalo, kuba
kongcwatywa kude kuphele umhlaba,

33izidumbu zolu hlanga zibe kukutya kweentaka namarhamncwa,
angagxothwa bani.

34Ndiya kuyiphelisa ezixekweni zakwaJuda nasezitalatweni zaseJerusalem
intsholo yolonwabo kwanemigcobo yomyeni nomtshakazi. Elo lizwe lonke
loba yinkangala."

UJeremiya 8

1Nanku umlomo kaNdikhoyo: "Ngelo xesha amathambo ookumkani
bakwaJuda, naweendwalutho zalapho, awababingeleli kunye nabashumayeli
kwakunye nabemi baseJerusalem, aya kukhutshwa emangcwabeni.

2Aya kubhencwa elangeni nasenyangeni nasezinkwenkwezini ababezithanda
bezikhonza, bekhokelwa zizo, bebuzisa kuzo, benqula zona. Aya kuthi saa
phezu komhlaba oku kwamalongwe, angafihlwa bani.

3Amasalela olu hlanga lukhohlakeleyo, endiya kuwathi saa elizweni, aya
kukhetha ukufa endaweni yokudla ubomi kwezo ndawo akuzo." Lowo
ngumlomo kaNdikhoyo uSomandla-onke.

Isono nesohlwayo

4"Yithi kubo: Utsho uNdikhoyo ukuthi: Xa umntu ewile, kanene akabuyi
avuke na? Xa ebephambukile, akabuyi ayilande indlela?

5Ke, ngabantu abatheni bona aba baseJerusalem bathe rhoqo ukukreqa kum?
Ngabatheni aba banamathele kumampunge, besala ukubuyela kum?

6Ndikhe ndabaz' iindlebe, kodwa akwabakho uthetha nto ifanelekileyo,
akwabakho namnye uyidaneleyo inkohlakalo yakhe, akwabakho bani
uzohlwayayo athi: 'Bendiyenzela ntoni le nto?' Ulowo nalowo uhamba
ngayibonayo, axel' ihashe lityhudisela edabini.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Nditsho nengwamza le ibhabh' emafini iyalazi ixesha lokujika. Iinkonjane, amahlankomo, nkqu nendwe le, iyalazi ixesha lokufuduka, kodwa bona abantu bam abazani nezithethe zam.

8“Ningatsho njani ukuthi: ‘Sihlakaniphile; siyawazi umthetho kaNdikhoyo;’ ukanti inyaniso yawo seyigqwethiwe ngababhali-mthetho!

9Izilumko zenu zihlazekile, zibhidekile, kuba zibhaqiwe. Kaloku ilizwi lam zilibukule nje, zinabulumko buvela phi?

10Ngoko ke abafazi babo ndiza kubanikela kwamanye amadoda, ngokunjalo nemihlaba yabo ndiyinikele kwabanye abantu. Kaloku xa bebonke aba bantu, kususela koyena uphantsi kuse kophezulu, basemva kwenzuzo. Abashumayeli nababingeleli bangamamenemene athanda inzuzo ngondlela-mnyama.

11Amanxeba abantu bam baba bangawanyanga ngokuthi: ‘Ngxe, ngxe; akukho ngozi!’ Ukanti alixolanga.

12Zizinto ezingenazo neentloni! Naxa zenze amanyundululu azibi nalo nonyungu olu. Ngoko ke baza kuwa nabawileyo, bakhubeke mhla ndibohlwayayo.” Utsho uNdikhoyo.

13“Ndiya kubaqokelela abantu bam, ndixele umlimi ovunayo.” Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo. “Boba njengomdiliya ongenaziqhamo, nomthi ongenamakhiwane, oseluvuthuluke nkqu namagqabi la. Ewe, ndobanikezela kwabanye.”

14“Sisahlalele ntoni?” Kubuza abantu. “Masihlangane siye kufela kwizixeko ezinqatyisiweyo kube kanye. Kaloku uNdikhoyo uThixo wethu selesigwebele ukufa ngokusinika amanzi anetyhefu, kuba simonile.

15Besilindele inzolo, suka kwavela ububi; besijonge ukuphiliswa, nako kuvela unxunguphalo.

16Amahashe eentshaba avakala ebetha ithatha phaya kwaDan. Iinkunzi zamahashe abo zikhonya kushukume umhlaba. Bayeza beze kuwutshabalalisa lo mhlaba nento yonke ekuwo, nditsho isixeko ngasinye sinabemi baso.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17“Ndiza kunithumela iinyoka ezinobuhlungu, amarhamba angenakwenziwa
mbuna, anilume.”

UJeremiya ulilela amawabo

18Umva-ndedwa undongamele; ibuhlungu intliziyo yam.

19Phulaphula! Ndiva isikhalo samawethu sihlokoma kwelikude, sisithi:
“Ngaba uNdikhoyo sele wemka na eZiyon? Ngaba usekho na apho uKumkani
waseZiyon?” Uthi uNdikoyo: “Nina, nindiqumbiseleni ngokunqula izithixo,
niqubude kwizinto ezingento zasemzini?”

20Abantu bona bathi: “Sekugqityiwe ukuvunwa, nehlobo sele lidlule, kodwa
ke thina asikasindiswa.”

21Ngenxa yamanxeba amawethu nam ndiziva ndiyingxwelerha. Ndizilile,
ndimatshekile.

22Ngaba akusekho yeza na eGiliyadi? Akusekho gqirha na khona? Ngani
banganyangwa nje abantu bakowethu?

UJeremiya 9

1Akwaba intloko yam ibiliqula lamanzi, namehlo am engumthombo
weenyembezi, bendiya kukhala imini nobusuku, ndililele amawethu
abuleweyo.

2Akwaba bekukho indawo entlango yokulalisa abahambi, ngendiwashiya
amawethu, ndimke, bengabakreqi nje, imbutho yabangathembekanga.

3“Iilwimi zabo zitsawula ubuxoki okwesaphetha. Ilizwe longanyelwe
bubumenemene; ayikho intembeko. Basuka bongeze ububi phezu kobubi.
Kodwa mna abandazi.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

4“Balumkele kwa-abahlobo, ungathembi nkqu nomntakwenu lo, kuba bonke
abantakwenu ngamamenemene, abahlobo bayahleba xa bebonke.

5Ewe, abahlobo bayakhohlisana; akukho uthetha inyaniso. Baziqhelisa
ukuthetha ubuxoki, bawaqobe amandla abo ngokona.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6Inene, umi phakathi kwabantu abakhohlisayo; ngenkohliso yabo abavumi
ukundazi.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

7Ke ngoko utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: “Ngenxa yale nto
abantu bam ndiza kubahluza, ndibavavanye. Akukho ndlela yimbi ngenxa
yesono sabo.

8Lutolo oluhlabaniselayo ulwimi lwabo; luthetha inkohliso. Bayamqhatha
ummelwane ngeentetho zabo, ukanti ezintliziyweni zabo bamcuphile.

9Mandingabohlwayi ke ngenxa yale nto? Mandingaziphindezeli kubantu
abanje?” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

10Mna ndiza kugixa, ndililele iintaba, ndizile, kuba amadlelo atshile,
akusekho bani uhamba kuwo, akusanxakami nankomo. Iintaka zibalekile,
neenyamakazi zimkile.

11“IJerusalem ndiza kuyitsho ibe ngamabhodlo nesikhundla soodyakalashe,
ndizitshabalalise iidolophu zakwaJuda, kungahlali bani khona.” Utsho
uNdikhoyo.

12Sisiphi na isilumko esinokuyiqonda le nto? Ngubani oyixelelweyo
nguNdikhoyo onokuyichazela abanye? Kungani ukuba lo mhlaba
utshatyalaliswe, ube ngumqwebedu wentlango engenakuhanjwa bani?

13UNdikhoyo uthi: “Bawutyeshele umyalelo wam endabanika wona,
àbalithobela ilizwi lam ukuze bahambe ngalo,

14koko basuka bona balandela iintliziyo zabo ezinenkani, balandela iindlela
zooBhali abazifunda kooyise.”

15Ke ngoko utsho uSomandla-onke uNdikhoyo onguThixo kaSirayeli ukuthi:
“Aba bantu ndiza kubanika ukutya okunedliso, ndibaseze amanzi anetyhefu.

16Ndiza kubathi saa phakathi kweentlanga abangazaziyo, ezingaziwayo
nangooyise, ndibasukele ngekrele ndide ndibatshabalalise.”

Isililo eZiyon

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Utsho uNdikhoyo uSomandla-onke ukuthi: “Qiqani! Memani abafazi
bokuzila, nditsho awona amacikokazi, bahlabele iingoma zesililo.
18Mabakhawulezise batsho ngesililo, side sintywizise iinyembezi, de amehlo
ethu aphalale zizo.
19Phulaphulani, isililo sivela eZiyon sisithi: ‘Awu! Safa saphela! Hayi, ihlazo
esikulo! Salishiya ilizwe lakowethu; izindlu zethu zidiliziwe.’ ”
20Bafazindini, liveni ilizwi likaNdikhoyo. Wabekeleni iindlebe amazwi
omlomo wakhe. Fundisani iintombi zenu isimbonono; fundisanani ingoma
yesililo.
21Ukufa kuthubeleze ngeefestile kwatsho phakathi ezindlwini
ezinqatyisiweyo; kubanqunqele phantsi abantwana besadlal' esitalatweni,
kwabachitha-chitha abafana ezimbuthweni.
22Kanti ngaphezu koko uNdikhoyo uthi mandithi: “Izidumbu ziya
kudunduluza emadlelweni okwamalongwe, njengengqolowa esikwe yashiywa
ngumvuni ingenabani wakuyiqokelela.”
23Uthi uNdikhoyo: “Isilumko masingaqhayisi ngobulumko baso; igorha
malingaqhayisi ngobugorha balo; nesihandiba masingazidli ngobutyebi baso.
24Ke lowo uqhayisayo makaqhayise ngokundazi nokundiqonda; kuba mna
ndinguNdikhoyo owenza izibele emhlabeni, nokulungileyo, nobulungisa.
Nazo ke izinto ezindikholisayo.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.
25Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: “Niyabona, iyeza imihla endiya
kubohlwaya ngayo kwanabo bolukileyo enyameni.
26Ndiza kuwohlwaya amaJiputa, namaJuda, namaEdom, nama-Amon,
namaMowabhi, kwanâbo bangabemi basentlango abanwele zichetyiweyo
ezintlafunweni. Kaloku zonke ezi ntlanga enyanisweni azalukanga. Nkqu
indlu kaSirayeli iyonke ayalukanga entliziyweni.”

UJeremiya 10

UNdikhoyo nezithixo

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[1]Libekeleni iindlebe ilizwi likaNdikhoyo, nina bantu bakwaSirayeli.

[2]Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Musani ukulinganisa inkqubo yezinye iintlanga; musani ukothuswa yimiqondiso esesibhakabhakeni, naxa zona zisothuka iintlanga.

[3]Amasiko eentlanga angamampunge nje. Bagawula umthi ehlathini, ziwuqingqe ngesixholo iingcibi,

[4]uhonjiswe ngesiliva nangegolide, ubethelelwe ngezikhonkwane ukuze ungagungqi.

[5] Oothixo abanjalo bafana nonomgogwana oxhonywe entsimini yentyabontyi: abakwazi kuthetha, bayathwalwa kuba abakwazi kuhamba. Musani ukuboyika: akukho nto imbi banganenza yona, kungekho nanto banokunceda ngayo.”

[6]Ngubani onjengawe, Ndikhoyo? Umkhulu wena; igama lakho lithe ndii, lidume ngobungangamsha.

[7]Ngubani ongakuhloneliyo, wena Kumkani weentlanga? Ewe, ufanelwe yimbeko; akakho onjengawe, nditsho phakathi kwezilumko naphakathi kwezizwe nookumkani bazo.

[8]Ziziyatha nezityhifili xa bebonke; bangafundiswa ntoni ngoothixo abaqingqwe ngomthi?

[9]Baqingqwe ngesiliva yaseTashishe, nangegolide evela eUfazi. Okuxhonkxwe ziingcibi nabakhandi kwambeswa ngeengubo ezibomvu nezimfusa ezalukwe ngamagcisa.

[10]Kodwa nguNdikhoyo onguThixo ngenene; yena unguThixo ophilayo, uKumkani oya kuhlala ehleli. Akuqumba yena umhlaba uyankwantya; izizwe azinakumelana nengqumbo yakhe.

([11]“Baxelele uthi: ‘Abo thixo bangalidalanga izulu nomhlaba, baza kubhanga emhlabeni naphantsi kwezulu.’ ”)

Ukubongwa kukaNdikhoyo

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Ke yena uNdikhoyo ulidale ngamandla akhe ihlabathi, walizinzisa
ngobulumko ilizwe, wasitwabulula ngengqondo isibhakabhaka.

13Uthi akuduma kuyaluzele amanzi asesibhakabhakeni, kufunquke amafu
emaphethelweni omhlaba. Uthumela umbane kunye nemvula, athulule
umoya koovimba bakhe.

14Bonke ziziyatha ezingenalwazi. Ababumbi boothixo bayahlazeka ngezithixo
zabo, kuba oothixo abababumbayo bayinkohliso, kuba abanawo
umphefumlo.

15Zizinto ezingento, izinto zokuphoxisa, izinto eziya kubhanga ngemini
yomgwebo.

16Akanjengabo yena uNxaxheba kaYakobi: nguye owabumba iinto zonke.
AmaSirayeli ngabantu bakhe ncakasana. USomandla-onke nguNdikhoyo
igama lakhe.

Ukufuduswa

17Qokelela umthwalo wakho, ulungele ukufuduka, wena uhleli
ekungqingweni.

18Uthi uNdikhoyo: “Ndiza kubalahlela phandle, ndibazisele inkxwaleko,
basiwe ekuthinjweni.”

19Athi ke mna, ukwenzakala kwam! Amanxeba am akanakuphila. Ke mna
bendisithi: “Sisifo sam esi; mandisinyamezele.”

20Intente yam ibhukuqiwe; sele kuqhawuke nezo ntambo zayo. Bemkile
oonyana bam; akusekho namnye useleyo. Akukho nokuba abe mnye
onokuvusa intente yam; akukho namnye wokuxhoma umkhusane.

21Abelusi baba bantu ziziyatha, ababuzi nto kuNdikhoyo. Yiyo loo nto
bengenampumelelo nje, nemihlambi yabo ithe qhu saa.

22Phulaphulani, kufika udaba. Kuvakala intshukumo ivela ngasentla. Luza
kutsho kube senkangala kwiidolophu zakwaJuda, zitsho zibe zizikhundla
zoodyakalashe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

23Ndikhoyo, ndiyazi ukuba akukho bani ulawula ikamva lakhe, nokuba
akukho mntu uphethe ubomi bakhe.

24Ndiluleke, Ndikhoyo, kodwa kube ngobulungisa, kungabi ngomsindo
wakho, hleze ndingabi nto.

25Ingqumbo yakho yikhuphele kwiintlanga ezingakuvumiyo, naphezu
kwezizwe ezingalinquliyo igama lakho, kuba zimdlile uYakobi zamgqiba, aza
amadlelo akhe aba yinkangala.

UJeremiya 11

Ukwaphulwa komnqophiso

1Nali ilizwi elamfikelayo uJeremiya livela kuNdikhoyo:

2“Phulaphula le miqathango yomnqophiso, uyixelele abantu bakwaJuda
kunye nabo bonke abemi baseJerusalem.

3Yithi kubo utsho uNdikhoyo uThixo kaSirayeli ukuthi: Uqalekisiwe lowo
mntu ungayithobeliyo imiqathango yomnqophiso,

4leyo ndayiwisela ooyihlo-mkhulu mhla ndabakhupha eJiputa, ilizwe
elalinjengeziko lokunyibilikisa isinyithi kubo. Ndathi kubo: ‘Ndiphulaphuleni,
nenze konke endiniyalela kona, khon' ukuze nibe ngabantu bam, nam ndibe
nguThixo wenu,

5nokuze isifungo endasenza kooyihlo-mkhulu sokubanika ilizwe lobusi nobisi
ndisiphumeze.’ Ngulo mhlaba nimi kuwo namhlanje.” Ndaphendula ndathi:
“Ewe, amen, Ndikhoyo.”

6Wathi kum uNdikhoyo: “Hamba ke uvakalise kwiidolophu zakwaJuda
nasezitalatweni zaseJerusalem, uthi: ‘Yibekeleni iindlebe imiqathango
yomnqophiso, nihambe ngayo.

7Okoko ndabakhupha eJiputa ookhokho benu ndasoloko ndigxininisa
izihlandlo ngezihlandlo ndisithi kubo: “Ndithobeleni.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Basuka abaphulaphula bona, abandihoya, koko basuka balandela ububi beentliziyo zabo eziqaqadekileyo. Nam ke ndabahlisela zonke iziqalekiso zomnqophiso endathi mabawuthobele, abeva.’ ”

9Uthe uNdikhoyo kum: “Kukho iyelenqe elenziwa ngabantu bakwaJuda nabaseJerusalem.

10Babuyele kwikakade looyise-mkhulu abalayo ukundiphulaphula. Bona bâlandela banqula thixo bambi. Ewe, uSirayeli kunye noJuda bawaphule umnqophiso endawenza kunye nookhokho babo.

11Utsho ke ngoko uNdikhoyo ukuthi: ‘Ndiza kubahlisela ishwangusha abangayi kuphuncuka kulo. Nokuba sebendibongoza andiyi kubaphulaphula.

12Abantu bakwaJuda nabaseJerusalem baya kuya kwabo thixo bebekade bebenzela iziqhumiso, bakhale kubo becela kubo uncedo. Kodwa abayi kuzuza luncedo kwabo thixo ngomhla weshwangusha.

13Oothixo babantu bakwaJuda baninzi kangangezixeko zalapho, ukanti abantu baseJerusalem bamenzele amaqonga eziqhumiso lowa Bhali unezothe kuzo zonke izitalato zalapho.’

14“Wena ke uze ungabathandazeli aba bantu, ungabathetheleli, ungabacengeli kum, ungabangxengxezeli kum konke, kuba andisobe ndikuphulaphule.”

15Uthi uNdikhoyo: “Wena ntandane yam, ufuna ntoni endlwini yam xa undenzela iyelenqe kunye nabanye? Ngaba amadini owenzayo olinqanda ishwangusha? Xa bekunjalo ngewuchulumacha!

16Ndandidla ngokuthi ufana nomthi womnquma oyokozelayo uthwele iziqhamo ezihle ngembonakalo, kodwa ngoku ndiza kuvuthuza ndixele isaqhwithi, ndiwantumeke umlilo amagqabi aloo mthi, ndiwashiye amasebe eze.

17“UJuda noSirayeli bâtyalwa ndim, mna Ndikhoyo onamandla onke, ke ngoku ndibasongela ngeshwangusha. Sisiphumo sezenzo zabo ezigwenxa esi, kuba bandiqumbisile ngokwenzela uBhali amadini esiqhumiso.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Iyelenqe lokubulala uJeremiya

18 UNdikhoyo wandityhilela, khon' ukuze ndiqonde; wawavula amehlo am,
ndazazi iinjongo zabo.

19Ndandifana nqwa nexhwane elimbuna lisiya kuxhelwa. Bekungekho nto
ndiyaziyo. Bendingaqondi ukuba baceba amayelenqe ngam, besithi:
“Masiwutshabalalise umthi uselula, simcime igama, angabi sakhunjulwa
ngabaphilayo.”

20Ndibhenela kuwe, Ndikhoyo Somandla-onke, wena mgwebi olilungisa,
wena mgocagoci weentliziyo neengqondo zabantu. Wonke lo mcimbi wam
ndiwuxhoma kuwe; mandikubone ke ukundiphindezela kwakho kubo.

21Ngenxa yoko naku okuthethwa nguNdikhoyo malunga nabantu baseAnatoti
abazungula ubomi bakho besithi: “Musa ukuba sashumayela ngegama
likaNdikhoyo, hleze sikubulale ngezandla zethu.”

22Ngoko ke uNdikhoyo uthi: “Niyabona, ndiza kuqubisana nabo. Amadodana
abo aza kufa ngekrele, oonyana neentombi zabo bona bafe yindlala.

23Akuyi kusinda nempunde le, kuba ndiwazisela ishwangusha amadoda
aseAnatoti ngonyaka wokubohlwaya kwam.”

UJeremiya 12

UJeremiya uyakhalaza

1Ulilungisa, wena Ndikhoyo, xa ndixambulisana nawe, xa ndibhenela kuwe
ngeendawo ezinxulumene nobulungisa. Ngaba ibangwa yintoni impumelelo
yezibhoja? Kungani amaqhopholo ehleli ethe zava nje?

2Batyalwe nguwe, zendela iingcambu zabo; bahlumile, bavelisa iziqhamo.
Usoloko usemilebeni yabo, kodwa ezintliziyweni zabo ukude lee.

3Ke wena, Ndikhoyo, uyandibona; uyazigocagoca iingcamango zam ngawe.
Barhuqe abantu abagwenxa, baxele iigusha eziya kuxhelwa. Bakhethele
bucala, ide ifike imini yokubulawa.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Koda kube nini uzilile umhlaba? Koda kube nini itshile ingca emadlelweni?
Izilwanyana neentaka ziyafa ngenxa yenkohlakalo yabantu bakowethu. Kanti
bathi: “UThixo akasazi isiphelo sethu.”

Impendulo kaThixo

5 UNdikhoyo wathi: “Xa ububaleka nabantu abahamba ngeenyawo, waza
wadinwa, ungakhuphisana njani namahashe? Xa ukhubeka emhlabeni
ophangaleleyo, uya kuthini kwiintshinyela zamatyholo aseJordan?

6Ujikelwe ngabantakwenu nendlu kayihlo, bazimisela ukukwenzakalisa. Uze
ungaze ubathembe, nokuba bathetha kamnandi nawe.

7“Ndoyishiya indlu yam, ndisibukule isizwe esililifa lam, ndimnikele
othandwe ndim ezandleni zeentshaba zakhe.

8Ilifa lam nqwa nengonyama egquma ehlathini: liyandivukela. Kungoko ke
ndilithiyile nje.

9Ilifa lam lifana nengcuka engqingwe ngamakhozi; bizani onke
amarhamncwa, eze esidlweni.

10Kofika abelusi abaninzi, bawuchithe umdiliya wam, basinyhashe isabelo
sam esinqwenelekayo, basenze sibe ngumqwebedu.

11Isabelo sam senziwe inkangala, satsho sangumqwebedu phambi kwam.
Umhlaba uphela ulil' ibhungane; akukho bani uwukhathaleleyo.

12Abatshabalalisi bavele eluqayini entlango. Ikrele likaNdikhoyo
liyawutshabalalisa umhlaba macala onke. Akukho namnye uya kusinda.

13Baya kuhlwayela ingqolowa, bavune ameva. Baza kufumana babulaleke,
kodwa bangazuzi lutho. Ngenxa yobushushu bengqumbo kaNdikhoyo niya
kuba nesivuno esidanisayo.”

14Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Malunga nabo bonke abamelwane
abakhohlakeleyo abawuthathileyo umhlaba endawunika abantu bam
amaSirayeli waba lilifa, ndithi: Ndiza kubagungxula ezweni labo,
ngokungathi ndincothula umthi, ndiyinyothule indlu kaJuda kubo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15Kambe ndobe ndibenzele inceba ndakuba ndibanyothule, ndibuyisele umntu ngamnye kwilifa lakhe nakumhlaba wakowabo.

16Kuya kuthi xa bazifundisisile iindlela zabantu bam, bafunge nangegama lam, bathi: ‘Ekho nje uNdikhoyo’ – nanjengoko bebebafundisa abantu bam ukufunga ngoBhali – nabo ndiya kubazinzisa phakathi kwabantu bam.

17Xa kukho uhlanga olungevayo ndolunyothula; ewe, ndolunyothula ndiluphanzise.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

UJeremiya 13

Ibhanti yelinen

1Watsho kum uNdikhoyo ukuthi: “Yiya kuthenga ibhanti eyenziwe ngelinen, uyibhinqe esinqeni, kodwa ingaze idibane namanzi.”

2Ndaya kuyithenga ke loo bhanti, njengokutsho kukaNdikhoyo, ndayibhinqa.

3Libuye lavakala kum ilizwi likaNdikhoyo, lisithi:

4“Thatha le bhanti uyibhinqileyo, uye emlanjeni iEfrati, ufike uyifihle emfanteni kwiliwa elilapho.”

5Ndahamba ke ndafika ndayifihla ngase-Efrati njengokutsho kukaNdikhoyo.

6Emva kwexesha elide wabuya wathi kum uNdikhoyo: “Yiya e-Efrati, ufike uthathe laa bhanti ndandithe yifihle khona.”

7Ndaya ke, ndafika ndayivumbulula apho ndandiyifake khona. Ndafika sele yonakele, kungasenakwenziwa nto ngayo.

8Lavakala kum ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

9“Utsho uNdikhoyo ukuthi: Ndiya kwenjenjalo ke ukonakalisa ikratshi lakwaJuda, ikratshi elikhulu laseJerusalem.

10Aba bantu bakhohlakeleyo, bangandivayo, balawulwa kukuqaqadeka kweentliziyo zabo, bathe phithi kukunqula nokukhonza oothixo basemzini, baza kuba njengale bhanti yelinen kungenakwenziwa nto konke ngayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Kanye njengokuba ibhanti ithiwa ntshi esinqeni somntu, umzi kaSirayeli uphela kwakunye nokaJuda ndawubophelela kum," lowo ngumlomo kaNdikhoyo, "khon' ukuze babe ngabantu bam, ndizenzele igama ngabo, nodumo neqhayiya, kodwa bona abevanga."

Umphanda wewayini

12Wathi kum uNdikhoyo: "Yithi kwaba bantu: 'Utsho uNdikhoyo uThixo kaSirayeli ukuthi: Wonke umphanda wozaliswa ngewayini.' Bona ke baya kuthi: 'Uba asiyazi kakade into yokuba wonke umphanda wozaliswa ngewayini?'

13Uya kuthi ke wena: 'Utsho uNdikhoyo ukuthi: Bonke abemi beli lizwe ndiza kubenza banxile, nditsho iikumkani zabo, ezo zisezihlangwini zikaDavide, ababingeleli, abashumayeli, nabo bonke abantu baseJerusalem.

14Ndiza kubakhandanisa omnye nomnye, ooyise noonyana, utsho uNdikhoyo. Usizi nenceba nemfesane ndiza kuziphosa ngasemva zingandinqandi ekubatshabalaliseni.' "

UJeremiya ulumkisa amawabo

15MaSirayeli, uNdikhoyo uthethile; bekani iindlebe nive, niyeke ukuziphakamisa.

16Mzukiseni uNdikhoyo uThixo wenu engekaniziseli ubumnyama nikhubeke ezindulini ezinamathunzi; hleze ukukhanya enikulindeleyo kujike kube sisithokothoko sobumnyama.

17Ukuba aniva, ndiya kukhala ngasese, ndilile ngenxa yekratshi eninalo. Ndiya kutsho ezimathontsi ngenxa yomhlambi kaNdikhoyo othinjiweyo.

18Mxeleleni ukumkani kunye nonina ukumkanikazi, nithi: "Zithobeni; hlalani phantsi; kuba izithsaba zokuhlonipheka kwenu zithulwe ezintlokweni zenu."

19Izixeko zelisezantsi zingqingiwe, akukho bani unako ukungena. Abantu bakwaJuda bathinjiwe, bafudusiwe xa bebonke.

© 1996 Bible Society of South Africa.

[20]Vula amehlo ukhangele, Jerusalem, ubabone abavela ngasentla. Uphi umhlambi owawuwunikiwe? Iphi impahla emfutshane obukade uqhayisa ngayo?

[21]Uya kuthini xa abo ababafundisa bengabahlobo, sele benikwe amagunya phezu kwakho? Akuyi kufikelwa yintlungu na okomfazi osikwa yinimba?

[22]Wakuzibuza usithi: “Zindihlela ngani ezi zinto?” uzuqonde ukuba kungenxa yobugwenxa bakho sele umbhinqo wakho udlakaziwe, waza nawe wagonyamelwa.

[23]Angalijika na ibala lolusu lwakhe umKushe? Yona ingwe ingawajika amabala ayo? Nani eniqhele imikhwa emibi aninakujika nenze okulungileyo.

[24]“Ndiza kunichitha-chitha nixele umququ uphetshethwa ngumoya wasentlango.

[25]Yinxaxheba yakho leyo, kwakunye nesabelo osahlulelwe ndim.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. “Kaloku wandilibala wathembela kwizinto zobuxoki.

[26]Ndiza kukuhluba izambatho zakho, ndikubhence, libonwe ihlazo lobuze bakho,

[27]nditsho ukukrexeza kwakho, nokuthabatheka kwakho yinkanuko, ukukhanuka kwakho ezindle, namanyala okuhenyuza kwakho. Ndiwabonile amanyundululu akho ezindulini endle. Mawoo, Jerusalem! Hayi ukungcola kwakho! Kuya kude kube nini na unje!”

UJeremiya 14

Imbalela

[1]Lavakala kuJeremiya ilizwi likaNdikhoyo malunga nembalela, lisithi:

[2]“Libalele kwaJuda; kunyembelekile kwizixeko zakhe. Abemi bathe fohlololo emhlabeni, bambethe ezokuzila. Kuvakala isikhalo eJerusalem.

[3]Iindwalutho zithuma iindwayi amanzi, zona zifike amaqula ome qoko. Zibuya zidanile, zityhafile, zithokombise intloko, zingaphethe nto ngezo ngqayi zazo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Sele waba ngumqwebedu umhlaba; kaloku imvula ayisani. Bafane bee
makatha abalimi; bayanyoshoza ziintloni, bethokombise iintloko.

5Phaya endle nemazi yexhama izala ithole, ibuye ilibukule, kuba akukho
luhlaza lukhoyo.

6Amaqwarha ema eluqayini, asezele umoya, axel' udyakalashe. Sele amehlo
elusizi, kub' uhlaz' alubonwa.”

7Naxa izono zethu zisigweba sincede, Ndikhoyo, ngenxa yegama lakho. Ewe,
kufuthi-futhi sikreqa, sakona amaxesha ngamaxesha.

8Wena Themba likaSirayeli, wena Mhlanguli wakhe ngamaxesha
okubandezeleka, yini na ukuba ube njengomngeneleli kweli lizwe, ube
njengomhambi othe vu ubusuku kuphela?

9Kutheni wafana nomntu odidekileyo, kanye njengegorha elingenamandla
okuhlangula? Ngenene ukho phakathi kwethu, Ndikhoyo, singabantu
ababizwa ngegama lakho, uze ungasilahli.

10Malunga naba bantu utsho uNdikhoyo ukuthi: “Bayakuthanda ukuzula-zula;
iinyawo zabo abakwazi ukuzilawula. Abamkholisi konke uNdikhoyo. Uya
kuhlala ebukhumbula ubungwenxa babo, abohlwaye ngenxa yesono sabo.”

11Uthe kum uNdikhoyo: “Aba bantu uze ungabacengeli kum ukuba kulunge
kubo.

12Nokuba bangade bazile ukutya, andiyi kubaphulaphula xa bekhala kum.
Nokuba bangade benze amadini atshiswayo neminikelo, andisobe
ndikholiseke. Ndosuka ndibatshabalalise ngekrele, ngendlala, nangesibetho
sesifo.”

13Ndithe ke mna: “Awu, Nkosi Ndikhoyo, uyazi ukuba abashumayeli bathetha
nabantu besithi: ‘Akuzi kubakho krele nandlala apha. Ngaphaya koko utsho
uNdikhoyo ukuthi: Kuyo le ndawo ndininika uxolo olungasoze luphele.’ ”

14UNdikhoyo uthe ukundiphendula: “Abo bashumayeli bathetha ubuxoki
ngegama lam. Abathunywanga ndim, ndingakhange ndibayalele oko,

© 1996 Bible Society of South Africa.

ndingazange ndithethe nokuthetha oku nabo. Bashumayela nje imibono ebubuxoki, nokuvumisa okungento, nenkohliso yeentliziyo zabo.”

15Ke ngoko malunga nabo bashumayeli bashumayela ngegama lakhe bengathunywanga nguye utsho uNdikhoyo ukuthi: “Bathi: ‘Abayi kufikelwa likrele kwakunye nendlala abantu beli lizwe.’ Kambe abo bashumayeli bona ngokwabo baya kutshabalala ngekrele nayindlala.

16Nabo bantu babashumayezayo baya kukhutshelwa ngaphandle ezitalatweni zaseJerusalem ngenxa yendlala nalikrele. Akuyi kubakho bani uya kubangcwaba, kungayi kubakho bani uya kungcwaba nkqu nabafazi, noonyana, neentombi zabo. Ndiya kubahlisela ishwangusha ngenxa yenkohlakalo yabo.

17“Wena ke thetha eli lizwi kubo uthi: “ ‘Antywizisa iinyembezi amehlo am imini nobusuku, ziqukuqele ngokungenasiphelo. Kaloku intombi engabantu bam yenzakele kakubi; yoselwe lelinzulu lona inxeba eli.

18Ndithi ndakuphumela ngaphandle, ndithane nqwakaqha nâbo bawe ngekrele; ndithi ndakungena esixekweni, ndithi mandla nâbo bawiswe liphango. Kaloku abashumayeli kwakunye nababingeleli bayayabula nje kwilizwe lonke.’ ”

19Ngaba, Ndikhoyo, umlahle kwaphela na uJuda? Ngaba ikucaphuzelisa intliziyo na iZiyon? Yini na ukuba usibethe singabi nakuphiliswa? Besilindele uxolo, suka kwavela ububi. Besijonge ukuphiliswa, nâko sifikelwa lunxunguphalo.

20Siyayivuma inkohlakalo yethu, Ndikhoyo, kwakunye nobugwenxa boobawo-mkhulu. Ewe, sikonile, Ndikhoyo!

21Ngenxa yegama lakho musa ukusibukula, ungayihlazi iJerusalem ibhotwe lakho elidumileyo. Wukhumbule umnqophiso owenze nathi, ungaze uwaphule nanini na.

© 1996 Bible Society of South Africa.

22Ngaba oothixo abangento beentlanga bayakwazi ukunisa imvula? Ngaba
sona ngokunokwaso isibhakabhaka singehlisa imikhwitsho? Hayi, nguwe,
Ndikhoyo, Thixo wethu, esithembele kuye; nguwe ozenzayo zonke ezo zinto.

UJeremiya 15

Intshabalalo

1 UNdikhoyo uthe kum: “Nokuba kungade kube kumi uMosis kunye
noSamweli apha ngaphambi kwam, bendingasokuze ndibavele aba bantu
konke. Bagxothe bemke phambi kwam!

2Xa bathi: ‘Usigxothela phi?’ uze uthi: ‘Utsho uNdikhoyo ukuthi: “ ‘Abokufa
mabaye ekufeni, abekrele ekreleni, abendlala kwindlala, abokuthinjwa
ekuthinjweni.’ ”

3Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: “Ndiza kubamisela iindidi zibe ne zezibetho.
Ikrele liza kubatyakatya, izinja zibarhuqe, badliwe ziintaka, amarhamncwa
wona abagqibezele.

4Baza kutsho bacekiseke kuzo zonke izikumkani zehlabathi ngenxa yento
eyênziwa eJerusalem nguManase into kaHezekiya ukumkani wakwaJuda.

5“Jerusalem, ngubani owovelana nawe, ingubani oya kukukhuza? Ngubani
owozikhathaza ukukubuza impilo?

6Nguwe ondilahlileyo, waza wabuya umva.” Nguwo lowo umlomo
kaNdikhoyo. “Ndidiniwe kukuba nosizi nguwe; ngoko ke ndiya kukusa
isandla ndikutshabalalise.

7Ndobachitha-chitha kuzo zonke izixeko zeli lizwe, okomququ
ophetshethwayo xa kubhulwa. Ndobahlutha inzala abantu bam,
ndibatshabalalise, ngenxa yokuba bengafuni kwahlukana nemikhwa emibi.

8Abahlolokazi boba baninzi, badlule intlabathi engaselwandle. Emini
emaqanda ndobazisela umtshabalalisi oonina bamadodana, ngequbuliso
ndobafikela ngonxunguphalo nokunkwantya.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Uya kurhoxoza unina wabasixhenxe, aphume umphefumlo, ilanga lakhe litshone kusesemini, ajwaqeke lihlazo naziintloni. Abo baseleyo ndiya kubayekela kwiintshaba zabo, zibagqibezele ngekrele.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

UJeremiya uyakhalaza

10Awu, mama, ubundizalela ni? Ngoku sendingumntu wempikiswano nengxabano ehlabathini lonke! Andibolekisanga nganto, kungekho nabani endiboleke kuye, kodwa akukho mntu ungandiqalekisiyo.

11 UNdikhoyo wathi kum: “Inene, ndokukhusela, kuba ndinenjongo elungileyo ngawe. Inene, iintshaba zakho ziya kubhenela kuwe ngexesha lentlekele nokubandezeleka.

12Unako na umntu ukuyaphula intsimbi, ngakumbi le ivela ngasentla, okanye mhlawumbi ubhedu?

13“Ubutyebi bakho nendyebo yakho, Sirayeli, ndobunikezela felefele bube lixhoba ngenxa yezono zakho ozenzileyo kulo lonke ilizwe.

14Ndiya kukunikela kwiintshaba zakho, zimke nawe, zikuse ezweni ongalaziyo, kuba ingqumbo yam ivutha okomlilo oya kukutshisa.”

15Ke mna ndithe: “Wazi konke, Ndikhoyo. Ndikhumbule, undivelele. Ndiphindezelele kwabo bandisukelayo, uze undinyamezele ndingade nditshabalale. Uyazi ukuba ndingohlaziswayo ngenxa yakho.

16Akuvakala kum amazwi akho ndiwetyisile, anditsho ndazala yimincili naluchulumanco entliziyweni yam. Kaloku ndibizwa ngokuthi ndingokaNdikhoyo uThixo onamandla onke.

17Andilibalanga kukuhlala ezimbuthweni zabagxeki, ndiziyolise kuzo. Ndahlala ndililolo, kuba isandla sakho siphezu kwam, kwaza ukukruquka kwakho kwandongamela.

© 1996 Bible Society of South Africa.

18“Ngaba kutheni ke ndisahlupheka nje? Zingasapholi nje ezi zivubeko zam,
yintoni zingeva kunyangwa nje? Kutheni ngathi ufuna ukungathembeki nje,
ngathi ngumfula ongahlali unamanzi?”

19Ke ngoko utsho uNdikhoyo ukuthi: “Ukuba uyabuyela kum, ndobuya
ndikubuyisele esikhundleni sakho, ube sisicaka sam. Ndobuya ndikwenze
umlomo wam, ukuba nje uyayiyeka le mbudede uyithethayo. Baza kubuyela
kuwe abantu, ingabi nguwe obuyela kubo.

20Ndiza kukwenza ube ludonga oluyinqaba yobhedu; bathi bekulwa,
bangakoyisi noko. Ndiza kuba nawe, ndikuhlangule, ndikusindise.” Nguwo
lowo umlomo kaNdikhoyo.

21“Ndiza kukuhlangula kubantu abakhohlakeleyo, ndikukhulule esandleni
sabagonyameli.”

UJeremiya 16

Isilumkiso sikaNdikhoyo

1Lavakala kum ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

2“Uze ungakhe uzeke mfazi, uzale oonyana neentombi kule ndawo.

3Ngokusingisele koonyana neentombi zalapha, kunye noonina nooyise babo,
utsho uNdikhoyo ukuthi:

4‘Baza kufa zizifo ezibulalayo, bangazilelwa, bangangcwatywa
nokungcwatywa. Izidumbu zabo ziya kudunduluza emadlelweni
okwamalongwe. Baza kufa likrele okanye yindlala, baxholwe ziintaka,
badliwe nangamarhamncwa.’ ”

5Ewe, utsho uNdikhoyo kum ukuthi: “Ungaze ungene kumzi apho kuqhutywa
isiko lokuzila. Ungazileli okanye ukhuze namnye umntu. Kaloku ndilususile
kwaba bantu uxolo lwam; andisayi kuba nanceba nabubele kubo.” Lowo
ngumlomo kaNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6“Abaphakamileyo nabaphantsi baza kufa ngokufanayo. Abayi kulilelwa, bengazi kungcwatywa nokungcwatywa. Akukho mntu uya kuziqaphula noya kucheba intloko ngenxa yabo.

7Akukho bani oya kumnika ukutya evelana naye oswelekelweyo, nditsho nokuba selebhujelwe ngunina okanye uyise. Ewe, akayi kusezwa nethontsi eli.

8“Uze ungangeni kumzi onesidlo, ungahlali phantsi utye usele kunye nabo.”

9Kaloku utsho uNdikhoyo onamandla onke, uThixo kaSirayeli, ukuthi: “Ndiza kuyiphelisa loo ntswahla yemigcobo neziyolo, nditsho ilizwi lomtshakazi nelomyeni. Oko nokubona ngawenu amehlo kule mihla yenu.

10“Wakuba uwavakalisile onke la mazwi, abantu baza kubhekisa kuwe besithi: ‘Kungani na ukuba uNdikhoyo asimisele intlekele engaka? Buyini na ubugwenxa bethu? Siyini na isono sethu esimone ngaso uNdikhoyo uThixo wethu?’

11Uze wena ubaphendule uthi: ‘Kungenxa yokuba ooyihlo-mkhulu bandishiya, balandela oothixo basemzini, babakhonza, baqubuda kubo. Mna bandifulathela, abawuthobela umyalelo wam.’ Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

12‘Kodwa nina niziphethe kakubi nabadlula ookhokho benu: nako elowo elandela ukuqaqadeka kwentliziyo yakhe ekhohlakeleyo endaweni yokuba andiphulaphule mna.

13Ndiza kunikhupha kulo mhlaba, ndinise kwilizwe eningalaziyo nina kunye nooyihlo. Apho nonqula thixo bambi imini nobusuku, kuba andiyi kunisizela konke mna.’ ”

Ukubuya ekuthinjweni

14Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: “Inene, iyeza imihla ekungayi kuba safungwa kuthiwe: ‘Ekho nje uNdikhoyo owakhulula amaSirayeli eJiputa.’

© 1996 Bible Society of South Africa.

15Koko baza kuthi: ‘Ekho nje uNdikhoyo owakhulula amaSirayeli kumhlaba wangasentla nakwamanye amazwe awayewagxothele kuwo.’ Ndiza kuwabuyisela kowawo umhlaba endawunika ooyise-mkhulu.”

Isohlwayo

16Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: “Niyabona, ndiza kuthumela abalobi beentlanzi abaninzi, baze kubambisa aba bantu, emva koko ndithumele abazingeli abaninzi babazingele kuzo zonke iinduli nakuzo zonke iintaba, nasezimfanteni zamawa.

17Ndiyayibona into abayenzayo; akukho nto isitheleyo kum; ndiyabubona bonke ubugwenxa babo.

18Kuqala ndobabuyekeza ngokuphinda-phindiweyo ngenxa yobugwenxa babo nesono sabo, kuba baxabhele umhlaba olilifa lam ngoonomgogwana bezithixo zabo ezingamasikizi alizothe.”

Ithemba likaJeremiya

19 Ndikhoyo, mandla am, nqaba yam, mkhuseli wam ngamaxesha eembandezelo, ziya kuza kuwe iintlanga, zivela eziphelweni zehlabathi, zifike zithi: “Inene, oobawo babebambelele kwizinto zobuxoki, bekhonza oothixo abangamampunge, abangancedi lutho.”

20Kakade umntu angazenzela uthixo? Hayi bo! Into enjalo ayinakuze ibe nguThixo.

21Ke ngoko uNdikhoyo uthi: “Niyabona, ngesi sihlandlo ndiza kubafundisa, ndibazise amandla am nokomelela kwam, bandazi ukuba ndinguNdikhoyo igama lam.”

UJeremiya 17

Isono sikaJuda

1 UNdikhoyo uthi: “Isono sakho, Juda, sikrolwe ngepensile yentsimbi, saqoqwa ngencam yelitye lenyengane ecwecweni lentliziyo yakho, nasezikoneni zamaqonga akho.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Esi sono sisakhunjulwa ngoonyana bakho. Bayawakhumbula amaqonga esithixokazi uAshera nemifanekiso yakhe emiswe ngakwimithi enamagqabi ezindulini.

3Intaba yam phaya endle, kunye nobutyebi bakho nendyebo yakho, ndizinikele zibe lixhoba ngenxa yesono sakho osenze kulo lonke elakowenu, unqula kwizibingelelo ezingezizo.

4Uza kulahlekelwa lilifa lakho olinikwe ndim, ndikwenze ukhonze iintshaba zakho ezweni obukade ungalazi, kuba umsindo wam uvutha njengomlilo, waye awusobe ucinywe.”

Ilishwa lokuthembela emntwini

5Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Hayi ilishwa lomntu obek' ithemba emntwini, akholose ngamandla ento eyinyama negazi, abe entliziyweni enxaxhile kuNdikhoyo.

6Loo mntu unjengetyholo lasentlango; akanakuze abe nempumelelo. Uya kuma ezinkqantosini, kumhlaba ongumqwebedu, umhlaba onetyuwa, apho kungahlali mntu.

7Hayi ithamsanqa lomntu othembela ngoNdikhoyo, lowo ukholosa ngaye!

8Unjengomthi otyalwe ngasemfuleni, ongcambu zinabela emanzini. Awoyiki naxa ilanga lishushu; amagqabi awo ahlala eluhlaza. Ngexesha lembalela awunaxhala; uhlala uvelisa iziqhamo.

9“Intliziyo yomntu inenkohliso ngaphezu kweento zonke. Akukho nto inokuyinyanga, kungekho bani uyiqondayo.

10Ndim, mna Ndikhoyo, umgocagoci weentliziyo zabantu, nomvavanyi weengcinga zabo. Ulowo ndimvuza ngokuziphatha kwakhe, ndimdlise iziqhamo zezenzo zakhe.”

11Lowo uzuza ubutyebi ngobuqhetseba ufana nesakhwatsha esiqandusela amaqanda angengawo awaso. Uya kulahlekwa bobo butyebi eselula ngeminyaka, ekugqibeleni abe sisityhamtyham, esingento.

© 1996 Bible Society of South Africa.

12Indawo yethu yokunqula libhotwe eliqaqambileyo, elathi zinzi phezulu kwantlandlolo.

13Nguwe, Ndikhoyo, ithemba lamaSirayeli. Bonke abo bakushiyayo bohlazeka. Bothi shwaka oku kwamagama abhalwe eluthulwini, xa beshiya wena, Ndikhoyo. Kaloku wena ungumthombo wamanzi obomi.

UJeremiya ucela uncedo kuNdikhoyo

14Ndiphilise, Ndikhoyo, ndiphile qete. Ndisindise, khon' ukuze ndisinde. Kaloku nguwe udumo lwam.

15Abantu basoloko besithi: “Liphi na ke ilizwi likaNdikhoyo? Masilibone kaloku lizaliseka.”

16Kanti ke, Ndikhoyo, andizange ndale ukuba ngumalusi phantsi kwakho, ndingazange abantu ndabanqwenelela umhla weshwangusha. Kaloku, Ndikhoyo, uyayazi into endayithethayo, kuba ndayithetha ebusweni bakho.

17Musa ukuba sisoyikiso kum. Kaloku nguwe umkhuseli wam ndakuhlelwa yintlekele.

18Mabadane abo bandisukelayo, mna ndingadani. Mabankwantye luloyiko bona, mna ndingoyiki. Bazisele imini yentlekele, ubohlwaye ngesohlwayo esiphindiweyo.

UMhla wokuPhumla

19 UNdikhoyo wathi kum: “Hamba uye kuma ngakwiSango laBantu apho ookumkani bakwaJuda baphuma bengena khona esixekweni. Uze udlulele nakuwo onke amanye amasango aseJerusalem.

20Uze uthi kubo: ‘Liveni ilizwi likaNdikhoyo, nina kumkani bakwaJuda, nani bantu bakwaJuda xa ninonke, nabani na ongummi waseJerusalem ongenayo ngala masango.

21Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Ze ningathwali mthwalo ngoMhla wokuPhumla, ningangeni ngasango eJerusalem nithwele nto ngoMhla wokuPhumla. Ngokwenjenjalo noba nibeka ubomi benu esichengeni.

© 1996 Bible Society of South Africa.

22Ewe, ze ningaphumi nokuphuma ezindlwini zenu nithwele umthwalo,
ningasebenzi konke ngoMhla wokuPhumla, koko ze niwugcine ube ngumhla
owodwa, njengoko ndanditshilo kooyihlo-mkhulu.

23Abazange bandive ooyihlo-mkhulu; abazange bafune kundihoya. Basuka
baba neenkani, abafuna kufunda nto kum, abafuna nokundiphulaphula."

24" 'Kambe ke nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: "Ndiphulaphuleni ningangenisi
mthwalo ngamasango esi sixeko ngoMhla wokuPhumla, koko niwuhlonele,
ningenzi msebenzi ngawo konke.

25Xa kunjalo ke ookumkani benu abasesikhundleni sikakumkani uDavide,
namaphakathi abo, bekunye nabantu bakwaJuda nabaseJerusalem, bongena
eJerusalem bekhwele iinqwelo namahashe, basime eso sixeko
ngokungenasiphelo.

26Abantu baya kuza bevela kwizixeko zakwaJuda, nakwiilali ezijikeleze
iJerusalem, nakummandla wakwaBhenjamin, nakwelangaselwandle,
nakweleentaba, nakumazantsi akwaJuda. Baya kuza endlwini kaNdikhoyo
bephethe izinto zokwenza amadini atshiswayo, namanye amadini, neminikelo
yeenkozo, nesiqhumiso, kunye namadini ombulelo.

27" ' "Kodwa kufuneka nindithobele, niwuhlonele uMhla wokuPhumla, ube
yimini eyodwa. Ngaloo mini ze ningangeni ngamasango aseJerusalem
nithwele imithwalo. Ukuba aniwuthobeli lo myalelo, loo masango
ndowantumeka umlilo – iinqaba zaseJerusalem ziya kuvutha ngumlilo,
ungabi nakucinywa bani." ' "

UJeremiya 18

UJeremiya emzini wombumbi

1Lavakala kuJeremiya ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

2"Phakama uye emzini wombumbi; apho ndokwazisa udaba lwam."

3Ndaya emzini wombumbi, ndafika esebenza elityeni lakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Kwakuthi yakungabumbeki kakuhle imbiza yodongwe, abuye aluthathe olo
dongwe, enze ngalo mbiza yimbi ngokubona kwakhe.

5Lavakala ke kum ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

6“Ke, bantu bakwaSirayeli, niba mna andinako ukwenza kuni njengokuba
umbumbi esenza njalo ngodongwe?” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. “Nani
nisezandleni zam, njengodongwe olusezandleni zombumbi.

7Nanini na xa ndithe ubukumkani okanye uhlanga oluthile ndolunyothula,
ndiludilize, ndilutshabalalise,

8ze lona olo hlanga luguquke, luyiyeke loo nkohlakalo ebendiluxelele yona,
andiyi kukwenza oko bendithe ndokwenza.

9Kanti ke nanini xa bendithe ubukumkani okanye uhlanga oluthile
ndolwakha ndilumilisele,

10ze lona lungandithobeli, lwenze ububi, andiyi kukwenza oko kulungileyo
bendizimisele ukukwenza.

11“Ngoku ke baxelele abantu bakwaJuda nabemi baseJerusalem, uthi: Utsho
uNdikhoyo ukuthi: ‘Niyabona, ndiniqulunqele ububi, ndanicingela icebo.
Guqukani elowo kwimikhwa yakhe emibi, nilungise ihambo yenu nezenzo
zenu.’

12Bona ke baza kuthi: ‘Unotshe! Siza kuhamba ngokubona kwethu, elowo
kuthi enze ngokuqaqadeka kwentliziyo yakhe ekhohlakeleyo.’ ”

Abantu babukula uNdikhoyo

13Ke ngoko utsho uNdikhoyo ukuthi: “Khanibuzise kwezinye iintlanga ukuba
yakha yehla phi na into enje ngaphambili. Intombi enguSirayeli yenze ihlazo
elimanyumnyezi!

14Likhe linyibilike liphele ikhephu ezincotsheni zeLebhanon? Yona imisinga
epholileyo evela kwimithombo yakude yakha yoma nini?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15Kodwa bona abantu bam bandilibele. Bênzela izinto ezingamampunge isiqhumiso, zabakhubekisa kwiindlela zabo, nditsho umendo wamandulo. Baphambukile kwindlela eyiyo, bahamba ngeendledlana ezingalungiswanga.

16Lo mhlaba bawutsho wayintw' ekhwankqisayo, intw' eya kuhlala ingumbono ongajongekiyo. Bonke abahamba ngendlela baya kothuka kakhulu, badlule behlunguzela iintloko bethe khumnqa.

17Njengomoya wasempumalanga ndokwenjenjalo ukubathi saa phambi kweentshaba zabo, ndibanike umhlana, ingabi bubuso, mhla bafikelwa lishwangusha."

UJeremiya wenzelwa iyelenqe

18Bathetha-thethana bathi ngam: "Masimbonele icebo uJeremiya lo. Soze siyiswele imfundiso yababingeleli, namacebo ezilumko, kunye namazwi abashumayeli. Ngoko ke masimgxibhe ngamazwi ethu, singakusi so konke akuthethayo."

19Ke mna ndathi: " Ndikhoyo, ndiphulaphule; zive iintetho zabamangaleli bam!

20Bakha babuyekezwa phi ubuhle ngobubi? Nâbo ke bendimbela umgodi. Khumbula mhla ndisiza kuwe, ndize kubacengela ukuba ungabi namsindo.

21Ngoku ke mabafe yindlala abantwana babo; bayeke baye kufa likrele. Mababe ngamadlolo nabahlolokazi abafazi babo; amadoda abo atshabalale, noonyana babo babulawe emfazweni.

22Makube sisijwili emizini yabo xa befike ngebhaqo abaphangi abathunywe nguwe. Bandembele umngxuma, ukuze ndeyele kuwo; bandibekele izabatha zokubambisa iinyawo zam.

23Uyawazi, wena Ndikhoyo, onke amayelenqe abo okundibulala. Uze ungabuxoleli ubugwenxa babo, nesono sabo ungasicimi sithi shwaka emehlweni akho. Mabakhubeke bawe phantsi phambi kwakho, ubohlwaye usesemsindweni."

© 1996 Bible Society of South Africa.

UJeremiya 19

Ingqayi eqhekekileyo

1Wathi uNdikhoyo: “Yiya kuthenga ingqayi yodongwe kumbumbi. Hamba
kunye neqela lamadoda amakhulu abantu, kunye neqela lamadoda amakhulu
angababingeleli,

2uye kuphuma ngesango ekuthiwa nguNgceba zeeNgqayi, eli lijonge kwintili
kaBhen-hinom. Apho uzufike uvakalise udaba endikunika lona,

3uthi: ‘Nina kumkani bakwaJuda, nani bantu baseJerusalem, lubekeleni
iindlebe udaba lukaNdikhoyo. UNdikhoyo uSomandla-onke onguThixo
kaSirayeli utsho ukuthi: Niyabona, le ndawo ndiza kuyihlisela intlekele eya
kutsho zithi nzwii iindlebe zabantu bonke abaya kuyiva.

4Loo nto ndiza kuyenza ngenxa yokuba abantu basuke bandifulathela,
bayenza eyasemzini le ndawo ngokwenzela oothixo basemzini iziqhumiso –
ndithetha oothixo abangabaziyo, bengevanga ngabo nangamanyange nkqu
nangookumkani bakwaJuda. Le ndawo bayitsho yaba lijaja ligazi labantu
abamsulwa,

5yaye bakhele uBhali izibingelelo, khon' ukuze apho benze amadini
ngabantwana babo. Andizange ndibayalele njalo, kwaye andiyithethanga loo
nto; andizange ndiyicinge nokuyicinga oku.

6Ngoko ke liyeza ixesha xa le ndawo ingayi kuba sabizwa ngokuba yiTofeti
okanye intili kaBhen-hinom, koko iya kubizwa ngokuba yiNtili
yeNtshabalalo.

7“ ‘Ndiza kuliqhekezela kule ndawo icebo labantu bakwaJuda
nabaseJerusalem, ndibawise ngekrele phambi kweentshaba zabo ezizungula
ubomi babo. Izidumbu zabo ziza kuba kukudla kweentaka kunye
namarhamncwa.

8Esi sixeko ndiya kusitsho sibe yinto ekhwankqisayo, into engumbono
ongajongekiyo. Wonke ubani odlula kuso uya kothuka kakhulu, athi
khumnqa ngenxa yezivubeko zaso.

© 1996 Bible Society of South Africa.

9Ndiza kubenza badle inyama yoonyana babo kunye neyeentombi zabo,
elowo atye inyama yomnye ngexesha lentlupheko yabo nokuxinwa kwabo
ziintshaba ezizungula ubomi babo.’

10“Uze loo ngqayi uyiqhekeze apho ngaphambi kwaloo madoda ahamba
kunye nawe,

11uthi kuwo: ‘UNdikhoyo onamandla onke utsho ukuthi: Abantu balapha
ndiza kubantlekeza kunye neso sixeko sabo, baxele le ngqayi intleke-ntleke,
iingceba zingasoze zidibane kwakhona. Baya kungcwabela eTofeti kude
kungabikho ndawo iseleyo.’

12Ewe, nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: ‘Nantsi into endiza kuyenza kule
ndawo nabemi bayo: Esi sixeko ndiza kusitsho sifane neTofeti.

13Izindlu zaseJerusalem kunye nezookumkani bakwaJuda ziza kuxajelwa
zifane neTofeti. Nditsho zonke izindlu ekwakutshiswa phezu kwazo
isiqhumiso soothixo abaziinkwenkwezi, kunikelwa nangeminikelo
ethululwayo koothixo basemzini.’ ”

14Wabuya ke uJeremiya evela eTofeti apho wayethunywe ukushumayela
khona nguNdikhoyo. Waya kuma ngaphakathi kweyadi yendlu kaNdikhoyo,
wathi ebantwini xa bebonke:

15“UNdikhoyo uSomandla-onke onguThixo kaSirayeli utsho ukuthi:
‘Niyabona, esi sixeko kunye neelali zaso ndiza kusihlisela yonke intlekele
endakha ndathetha ngayo, kuba kaloku abantu balapha baneenkani, abafuni
kuliphulaphula ilizwi lam.’ ”

UJeremiya 20

UJeremiya noPashure umbingeleli

1Umbingeleli uPashure unyana kaImeri, owayengusomaqhuzu endlwini
kaNdikhoyo, uthe akuweva la mazwi,

2wathi umshumayeli uJeremiya makakatswe, akhonkxwe iinyawo ngezikhuni
ngakwisango elingasentla lendlu kaNdikhoyo ekuthiwa lelikaBhenjamin.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Ngengomso uthe uJeremiya akukhululwa nguPashure ekukhonkxweni,
wabhekisa kumbingeleli lowo wathi: “Igama akunike lona wena uNdikhoyo
asinguye uPashure, nguNxunguphele-jikelele.

4Kaloku utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘Ndiza kukwenza unxunguphale wena siqu,
unxunguphalise nabahlobo bakho. Uza kubabona ngala wakho amehlo
besiwa likrele leentshaba. UJuda ephela ndiza kumnikela esandleni
sokumkani waseBhabheli. Abanye yena uza kubasa eBhabheli, abanye
ababulale ngekrele.

5Ubutyebi besi sixeko ndiza kubunika iintshaba zabo – nditsho nkqu
nemveliso yabo, nezinto ezixabisekileyo zabo, nendyebo yookumkani
bakwaJuda iphela. Ewe, konke oku ndokunikela ezandleni zeentshaba zabo,
zikuthimbe, ziye nako eBhabheli.

6Wena ke, Pashure, kunye nentsapho yakho, uza kuba ngumthinjwa
kwelaseBhabheli. Wena kunye nâbo bahlobo bakho ubukade ubashumayeza
ubuxoki, niza kufela apho, ningcwatyelwe kwalapho.’ ”

Isikhalazo sikaJeremiya

7 Ndikhoyo, undicengile ndacengeka; ewe, undongamele, ndaza ndoyisakala.
Ndiyintlekisa mihla le; ndisisigculelo sikawonke-wonke.

8Ndiba ngawuvula umlomo ndidanduluka ndithi: “Lugonyamelo!
Yingcinezelo!” Ngoko ke ilizwi likaNdikhoyo lindizisela izithuko nezinyeliso
yonk' imihla.

9Ndiba ngathi: “Andiyi kubuya ndilikhankanye, okanye ndithethe ngegama
lakhe,” lisuka libe ngumlilo otshisayo, umlilo ovalelwe emathanjeni am.
Ndoyisakele kukuwunqanda; ewe, ndiyanikezela.

10Ndive abaninzi besebeza besithi: “Lunxunguphalo jikelele!
Makamangalelwe, simse ngaphambili!” Nditsho nezihlobo zilindele
ukutyibilika kwam, zithi: “Mhlawumbi angarhintyeleka, size simfumane,
siziphindezele kuye.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Kodwa yena uNdikhoyo ungakum; ligorha elomeleleyo. Abandisukelayo baza kukhubeka bangaphumeleli. Baza kudana, lingaze lilityalwe ihlazo labo.

12Ndikhoyo Somandla-onke, wena uwavavanyayo amalungisa, uzigocagoce iintliziyo neengqondo zawo, mandikubone ukuziphindezela kwakho kubo, kuba kaloku umcimbi wam ndiwuphose kuwe.

13Menzeleni ingoma uNdikhoyo, nimbonge, kuba nguye ohlangula ubomi babahlelelekileyo kwigunya labantw' abagwenxa.

14Unelishwa umhla endazalwa ngawo; mayingathamsanqeliswa imin' uma andizale ngayo.

15Hayi, ilishwa laloo mntu wazisela ubawo iindaba ezamvuyisayo, esithi: “Uzel' inkwenkwe!”

16Loo mntu ubenga angafana neziya dolophu uNdikhoyo wazidiliza engenanceba. Ubenga angeva kusitsho umkhulungwana ngentsasa, kuvakale nentlaba-mkhosi ukuqina kwemini.

17Kaloku yena akazange andibulale ndisesesizalweni, khon' ukuze uma abe lingcwaba lam, sihlale isizalo sakhe sindimithi ngonaphakade.

18Ngani ukuba ndizalwe kakade ukuze ndibone iinkxwaleko neentsizi, ndide ndiye kufa ndisehlazweni?

UJeremiya 21

UThixo ukhaba isicelo sikaZedekiya

1Ilizwi likaNdikhoyo lavakala kuJeremiya mhla uPashure unyana kaMalkiya, kunye nombingeleli uZefaniya unyana kaMaseya, bathunywayo kuye ngukumkani uZedekiya, besithi:

2“Khawusibuzele kuNdikhoyo. Kaloku ukumkani uNebhukadenezare waseBhabheli uze kulwa nathi.Mhlawumbi angabuya enze imimangaliso uNdikhoyo njengangaphambili, simbone selegoduka nomkhosi wakhe uNebhukadenezare.”

3Uthe ukuphendula yena uJeremiya: “Yithini kuZedekiya:

© 1996 Bible Society of South Africa.

4UNdikhoyo uThixo kaSirayeli utsho ukuthi: ‘Niyabona, ndozenza izikrweqe zenu ezisezandleni zenu zibe lilize, nditsho ezi nilwa ngazo ukumkani waseBhabheli namaKaledi aningqingayo. Ewe, wona asengaphandle kweendonga ngoku, kodwa ndiza kuwahlanganisela esazulwini sesi sixeko.

5Ndim oza kunihlasela ngesandla sam esinamandla nengalo yam eyomeleleyo ndiqhutywa ngumsindo nengqumbo noburhalarhume obukhulu.

6Bonke abemi besi sixeko ndiza kubahlisela isibetho sesifo esibulalayo – nditsho abantu kunye nemfuyo yabo.’

7“Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: ‘Emva koko amasalela asindileyo kubhubhani, nekrele, nendlala, ukumkani uZedekiya namaphakathi akhe kunye nabantu besi sixeko, ndiza kubanikela esandleni sokumkani uNebhukadenezare waseBhabheli nakwiintshaba ezifuna ukubabulala. Yena uza kubangena ngekrele, engenalusizi nanceba naluvelwano.’

8“Ngaphezu koko baxelele aba bantu uthi: Utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘Khethani phakathi kokufa nokuphila.

9Lowo uhlala kwesi sixeko uya kufa likrele nayindlala nangubhubhani. Kodwa lowo uphumela ngaphandle azilahlele kumaKaledi aningqingileyo, uya kusinda ekufeni.

10Esi sixeko ndizimisele ukusizisela ububi, hayi ubuhle.’ Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. ‘Ndosinikela esandleni sokumkani waseBhabheli, aze yena asitshabalalise ngomlilo.’

11“Yithi kwindlu yokumkani wakwaJuda: ‘Nali ilizwi likaNdikhoyo

12kuni, nina bendlu kaDavide. Mbekeleni iindlebe uNdikhoyo, uthi: “ ‘Mihla le gwebani ngobulungisa, okhuthuzwayo nimsindise kubabandezeli, hleze ugqabhuke umsindo wam, uvuthe okomlilo, ndibe lugcwabevu, ndinganqandeki, ngenxa yenkohlakalo eniyenzileyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13“ ‘Ndichasene nawe, Jerusalem, wena othe gcobho kule ntili, wena liwa leli
thafa. Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. Kaloku uthi: “Ngubani
onokusitshabalalisa? Ingubani ongagqobhozayo kwiinqaba zethu?”

14“ ‘Ndiza kunibuyekeza ngokwezenzo zenu. Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.
Uthi: “Ndiza kuphemba umlilo untumekeke kuloo mahlathi anirhawuleyo,
kutshe yonke into kuthi bhuqe.” ’ ”

UJeremiya 22

Isigwebo sokumkani wakwaJuda

1Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Yiya ebhotwe lokumkani wakwaJuda, khona
uthethe eli lizwi uthi:

2‘Libekele indlebe ilizwi likaNdikhoyo, kumkani ohleli esihlalweni sikaDavide
– nditsho wena, namaphakathi akho, kwakunye nabantu abangena ngala
masango.

3Utsho uNdikhoyo ukuthi: Gwebani ngobulungisa, okhuthuzwayo nimsindise
kubabandezeli. Abangeneleli neenkedama nabahlolokazi ze ningabaphathi
kakubi okanye nibacinezele. Igazi elingenatyala malingaze liphalazwe kule
ndawo.

4Xa ke nithe nayenza ngocoselelo loo nto ndiniyalela yona, kuya kuhlala
kubakho ookumkani esihlalweni sikaDavide. Abayi kuyeka ukungena
ngamasango eli bhotwe bekhwele iinqwelo zamahashe kunye namahashe,
bephahlwe ngamaphakathi nabantu babo.

5Kodwa xa ningayithobeli le miyalelo, ndiyafunga, ndithi le ndawo niya
kuyibona selingamanxiwa.’ ” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

6Kaloku, xa athetha ngebhotwe lokumkani wakwaJuda, utsho uNdikhoyo
ukuthi: “Nakuba nje kum unjengeGiliyadi nanjengencopho yeLebhanon,
ndosuka ndikutsho ube ngumqwebedu wenkangala, ube ziidolophu
ezingenabemi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Ndikuthumela abatshabalalisi abofika elowo ephethe izikhali zakhe,
bayigecele phantsi loo misedare iligugu lenu, bayiphose emlilweni.

8“Abahambi abadlula kwesi sixeko bevela kwizizwe ngezizwe bobuzana,
bathi: ‘Kwathini ukuze uNdikhoyo enze into enje kwesi sixeko singaka?’

9“Ke kothiwa: ‘Kaloku bawutyeshela umnqophiso noNdikhoyo uThixo wabo,
baqubuda koothixo bambi aba bantu, babakhonza.’ ”

Udaba olungokumkani uJowazi

10Musani ukumlilela ukumkani ofileyo, ningazili kuba selengasekho, koko
lilelani lowo uthinjwayo, nigixe, kuba kaloku yena akasobe abuye, engasobe
abuye alibone ilizwe lokuzalwa kwakhe.

11Kaloku malunga noShalum unyana kaJosiya owaba ngukumkani endaweni
kayise, noselemkile kule ndawo, uNdikhoyo utsho ukuthi: “Akayi kube abuye.

12Uya kufela kuloo ndawo athinjelwe kuyo; akasobe abuye alibone eli lizwe.”

Udaba olungokumkani uJoyakim

13“Mawoo kulowo uzakhela ibhotwe ngeendlela zobuqhopholo, namagumbi
aphezulu ngobumenemene, esetyenzelwa simahla ngamawabo, engawaniki
mvuzo ngokubulaleka kwawo.

14Uthi: ‘Ndozakhela ipomakazi lebhotwe elinoobhazabhaza bamagumbi
aphezulu abethwa ngumoya.’ Ulakha lineefestile, aliqukumbele ngamaplanga
omthi womsedare, alihombise ngembola.

15Ngaba ukumkani ngukumkani ngokugqitha abanye ngokuzakhela
ngomsedare? Uyihlo wayesidla asele. Wayelilungisa engenamkhethe, waza
waba nempumelelo kwinto yonke.

16Wayeyibonelela imeko yamahlwempu neembedlenge, waza kuyo yonke loo
nto waba nempumelelo. Kunjalo ke ukwazana nam.” Lowo ngumlomo
kaNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

17“Kodwa wena into ojonge kuyo ngomxhelo wonke kukufumana inzuzo
ngobuqhophololo, ngokugwinta abantu abangenatyala, nokucinezela abantu
bakho ubacudisa.”

18Utsho ke ngoko uNdikhoyo ngoJoyakim unyana kaJosiya, ukumkani
wakwaJuda, ukuthi: “Akayi kuzilelwa bani xa afileyo; akukho uya kuthi:
‘Yini, mntakwethu! Yini, dade wethu!’ kungekho noya kumlilela esithi: ‘Yini,
nkosi yam! Yini, mhlekazi!’

19Uya kungcwatywa okwedonki, arhuqwe aye kulahlelwa ngaphandle
kwamasango eJerusalem.”

Udaba ngekamva leJerusalem

20“Nyuka iLebhanon, ugxwale apho. Danduluka eBhashan, ukhale phezu
kweentaba zaseAbharim, kuba boyisiwe bonke abathandana nawe.

21Ndakulumkisa usemi kakuhle, kodwa wena wathi: ‘Ngunotshe! Soze
ndikuphulaphule!’ Yinto oqhel' ukuyenza leyo kwasebutsheni bakho;
akuzange wavuma ukulithobela izwi lam.

22Onke amahlakani akho aya kuphetshethwa ngumoya, abathandana nawe
basiwe ekuthinjweni, uphoxeke, uhlazeke, ngenxa yamanyundululu akho.

23Wena othe zava entabeni yaseLebhanon, ondlu yakho yakhelwe
emisedareni, useza kugcuma wakufikelwa yinimba, utsho uzibhija-bhije
okomfazi olunywayo.”

UThixo ugweba uJoyakin

24Utsho umlomo kaNdikhoyo ukuthi: “Ndiyafunga, ndithi kuwe,
Koniya, nyana kakumkani Joyakim wakwaJuda, nokokuba ubungumsesane
endiwunxibe emnweni wesandla sam sokunene, bendiya kukukhulula,

25ndikunikele esandleni sabo uboyikayo bazungula ubomi bakho, nditsho
ukumkani uNebhukadenezare waseBhabheli nabantu bakhe amaKaledi.

26Ndiza kukuthatha kunye nonyoko, ndiniphose kwilizwe lasemzini, nifele
apho.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

27Kaloku abasobe babuyele kwilizwe lakowabo abalilangazelelayo.

28Kutheni uKoniya engodelekileyo, efana nengqayi etyumkileyo, into engafunwa bani? Kutheni selelahlwa ephoswa kwilizwe angalaziyo yena kunye nentsapho yakhe?

29Mhlaba; mhlaba! O, hayi, lo mhlaba! Phulaphula! Nali ilizwi likaNdikhoyo!

30Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Lo mfo mbaleleni ekuthini ungongenanzala, into engayi kuba nankqubela lo gama isekhoyo. Nakwinzala yakhe akukho bani uya kuba nempumelelo, kungekho namnye oya kuhlala esihlalweni sikaDavide, alawule kwaJuda.”

UJeremiya 23

Ukumkani olilungisa

1“Mawoo kubo abelusi abatshabalalisa imihlambi yedlelo lam!” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

2Utsho ke ngoko uNdikhoyo onguThixo kaSirayeli kwabo belusi ukuthi: “Ngenxa yokuba imihlambi yam niyichithe nayithi saa, anayikhathalela, ndiza kunohlwaya ngenxa yobubi enibenzileyo.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

3“Amasalela omhlambi wam ndiya kuwaqokelela emazweni onke endawachitha-chithela kuwo, ndiwabuyisele edlelweni lawo, aqhame ande.

4Abantu bam ndiza kubanika abelusi abaza kubalondoloza. Abayi kube babe naxhala nalunxunguphalo, kungayi kube sabakho bani ulahlekayo kwakhona.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

5“Iyeza imihla,” lowo ngumlomo kaNdikhoyo, “yokuba uDavide ndimvelisele kumnombo wakhe ihlumelo elililungisa: ukumkani oya kuphatha ngobulumko, enze okulungileyo nobulungisa kulo mhlaba.

6Ngemihla yakhe baya kuhlala bengabasindileyo abantu bakwaJuda, nakwaSirayeli bahlale bekhuselekile. Igama aya kubizwa ngalo lelithi: ‘UNdikhoyo ububulungisa bethu.’ ”

© 1996 Bible Society of South Africa.

7Ngoko ke nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: “Niyabona, kuza imihla apho
abantu bangayi kubuya bathi xa befunga: ‘Ekho nje uNdikhoyo owakhulula
amaSirayeli eJiputa.’

8Ngaloo mihla baya kuthi: ‘Ekho nje uNdikhoyo owakhulula inzala
yamaSirayeli kwilizwe langasentla nakuwo onke amazwe awabachitha-chitha
kuwo, ukuze ahlale kwelakowawo ilizwe.’ ”

Abashumayeli abakhohlisayo

9Nalu udaba malunga nabashumayeli: Intliziyo yam ikhathazekile;
amathambo am anengevane. Ngenxa kaNdikhoyo namazwi akhe angcwele
ndifana nomntu onxilileyo oyotywe butywala.

10Lizele ngabantu abakrexezayo ilizwe, libharhile ilizwe ngenxa yesiqalekiso
sikaNdikhoyo, amadlelo asentlango axwebile. Bahamba iindlela ezigwenxa;
bangamagorha okwenza okungalunganga.

11“Kwa-abashumayeli nababingeleli abamhloneli uThixo; nasendlwini yam
ndibhaqa amanyundululu.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

12“Ngoko loo ndlela yabo iza kuba mtyibilizi, balahleke bawe emnyameni.
Ndiza kubahlisela ishwangusha ngethuba lokohlwaywa kwabo.” Lowo
ngumlomo kaNdikhoyo.

13“Kubashumayeli baseSamariya ndibone into emanyumnyezi: ndibone
beshumayela ngoBhali, belahlekisa abantu bam amaSirayeli.

14Kubashumayeli baseJerusalem ndibone eligqithileyo isikizi; bona
ngabakrexezi abaphila ngokuxoka. Bakhuthaza abantu ekwenzeni ububi,
kungabikho namnye uguqukayo kwinkohlakalo yakhe. Xa bebonke kum
bafana nabantu baseSodom; abemi balapho bafana nabaseGomora. ”

15Ke naku akuthethayo uSomandla-onke uNdikhoyo ngokusingisele
kubashumayeli baseJerusalem: “Ndiza kubanika ukutya okukrakrayo,
ndibaseze amanzi anetyhefu, kuba abashumayeli baseJerusalem basasaze
ukudela uThixo kulo lonke ilizwe.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Utsho uNdikhoyo uSomandla-onke ukuthi: “Ze ningayiphulaphuli into ethethwa kuni ngaba bashumayeli; banithembisa ilize. Banixelela ngemibono yeentliziyo zabo, benganazisi okuphuma emlonyeni kaNdikhoyo.

17Kwabalidelayo ilizwi lam basoloko besithi: ‘Makube luxolo kuni.’ Kwabo baqaqadekileyo bathi: ‘Anisoze nihlelwe bububi.’ ”

18Ngubani na kubo olilungu legqugula likaNdikhoyo? Ingubani oluvayo noluqondayo udaba lwakhe? Ngaba ukho owakha waluphulaphula waluthathela ingqalelo?

19Niyabona, kuphuma kuNdikhoyo ulophu, nditsho isaqhwithi esoyikekayo esivuthuza phezu kweentloko zabangendawo.

20Lo msindo kaNdikhoyo awuyi kujika ade abe ukufezekisile oko akucebileyo entliziyweni yakhe. Kwimihla ezayo niya kuyiqonda kakuhle le ndawo.

21Abathunywanga ndim aba bashumayeli, kodwa noko basuke bagijima. Zange ndithethe nabo, kodwa bona basuke bashumayela.

22Ukuba bebekho kwigqugula lam ngebewavakalisa amazwi am endiwabhekisa ebantwini bam. Ngebebajikile kwiindlela zabo ezimbi nakwizenzo zabo ezikhohlakeleyo.

23“NdinguThixo wakufuphi na?” utsho umlomo kaNdikhoyo, “ndingabi nguThixo wakude na?

24Ikhona na indawo efihlakeleyo apho umntu angazimela khona ukuze ndingamboni?” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. “Asindim na lowo ukho ngokupheleleyo ezulwini nasemhlabeni?” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

25“Ndiyivile into ethethwa ngâbo bashumayeli bashumayela ubuxoki egameni lam. Bathi: ‘Ndiphuphe iphupha! Ndiphuphe iphupha!’

26Koda kube nini na iqhubeka le nto eyenziwa ngabashumayeli abashumayela ubuxoki, bevakalisa inkohliso yeengcinga zabo?

27Bacinga ukuba la maphupha bawachazayo aya kwenza ukuba bandilibale abantu bam, baxele ooyise-mkhulu abândilibalayo banqula uBhali.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

28Umshumayeli ongumchazi-maphupha makatsho ukuba uchaza nje iphupha,
kodwa lowo ushumayela evakalisa amazwi am makenjenjalo ngentembeko.
Ufunani umququ engqoloweni?” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

29“Alinjengomlilo na ilizwi lam, lingenjengehamile na eyaphula ilityе
lenyengane?” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

30Nguwo lo ke umlomo kaNdikhoyo: “Ndibachasile abo bashumayeli abeba
omnye komnye amazwi angathi ngawam.

31Ndibachasile kwanabo bashumayeli bashumayela ngobabo ubuciko, suka
bathi: ‘Utsho uNdikhoyo.’ ”

32Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: “Niyabona, ndibachasile abo bashumayela
ubuxoki bamaphupha abo. Bayawachaza, baze balahlekise abantu bam
ngokuzigwagwisa kwabo. Abathunywanga ndim, yaye bengagunyaziswanga
ndim. Futhi akukho nto konke babanceda ngayo aba bantu.” Lowo ngumlomo
kaNdikhoyo.

Umthwalo kaNdikhoyo

33“Xa aba bantu bekubuzayo, nokuba ngumshumayeli nokuba ngumbingeleli,
besithi: ‘Udaba olundilisekileyo lukaNdikhoyo luthini?’ uze uthi:
‘Ungumthwalo wena kuNdikhoyo; ibe uza kukothula.’ ” Lowo ngumlomo
kaNdikhoyo.

34“Xa kukho umntu, nokuba ngumshumayeli, nokuba ngumbingeleli, othi xa
ethetha: ‘Nalu udaba lukaNdikhoyo,’ loo mntu uya kohlwaywa kunye
nentsapho yakhe.

35“Nisoloko nibuza kubahlobo nakwizizalwane nisithi: ‘Impendulo
kaNdikhoyo ithini? Uthini uNdikhoyo?’

36Kambe maningabi sawasebenzisa amazwi athi: ‘Nalu udaba olundilisekileyo
lukaNdikhoyo,’ kuba ilizwi lomntu ngamnye losuka libe ludaba
olundilisekileyo lukaNdikhoyo kuye, abe ewagqwetha amazwi kaThixo
onguThixo wethu ophilayo, uNdikhoyo uSomandla-onke.

© 1996 Bible Society of South Africa.

37Nibuza kubashumayeli nisithi: ‘Itheni impendulo kaNdikhoyo? Utheni uNdikhoyo?’

38Ukuba nithi: ‘Nalu udaba olundilisekileyo lukaNdikhoyo,’ ndibe mna bendithe ze ningabi sawathetha amazwi athi: ‘Nalu udaba lukaNdikhoyo,’

39ngako oko, niyabona, ndiza kunithatha ndiniphose kude lee kunye neso sixeko senu ndasinika ookhokho benu.

40Ndonihlisela ihlazo elingenasiphelo nokuphoxeka okungasokuze kulibaleke.”

UJeremiya 24

Iingobozi ezimbini zamakhiwane

1 UNdikhoyo wandibonisa iingobozi ezimbini zamakhiwane zibekwe ngaphambi kwendlu kaNdikhoyo. Le nto yehla emveni kokuba ukumkani uJekoniya unyana kaJoyakim, kunye neziphathamandla, namagcisa, nabasebenzi bentsimbi bakwaJuda, bathinjwayo ngukumkani uNebhukadenezare waseBhabheli, ebasusa eJerusalem, ebasa eBhabheli.

2Enye ingobozi yayinamakhiwane amahle kunene, la avuthwa kuqala; enye inamakhiwane amabi kakhulu, angenakutyiwa.

3 UNdikhoyo wathi kum: “Jeremiya, ubona ntoni na?” Mna ndithe: “Ndibona amakhiwane. Amahle mahle gqitha; amabi mabi mpela – zizinto ezingenako nokutyiwa oku.”

4Livakele lisithi ke kum ilizwi likaNdikhoyo:

5“Utsho ke uNdikhoyo, uThixo kaSirayeli, ukuthi: Abathinjwa bakwaJuda endabasusa kweli lizwe ndabasa kwelamaKaledi ndibafanisa nala makhiwane mahle.

6Ndiya kuhlala ndibabonelela, ndibabuyisele kwalapha. Ndiya kubakha, ndingabachithi; ndiya kubamilisela, ndingabancothuli.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Ndobafaka intliziyo endiqondayo, bazi ukuba uNdikhoyo ndim. Baya
kwandula ke ukuba ngabantu bam, mna ndibe nguThixo wabo, kuba kaloku
bobuyela kum ngomxhelo wabo wonke.

8“Kodwa yena ukumkani wakwaJuda uZedekiya neziphathamandla zakhe,
namasalela eJerusalem, nokuba alapha okanye aseJiputa, bona ndibafanisa
nala makhiwane mabi, angenako nokutyiwa oku.” Lowo ngumlomo
kaNdikhoyo.

9“Ndiya kubatsho babe nomdintsi nezothe kulo lonke ilizwe. Baya kuba
zizinto ezisisingcikivo, ezilihlazo nentlekisa, babe sisiqalekiso naphi na apho
ndibachitha-chithela khona.

10Ndiza kubahlisela ikrele nendlala nobhubhani, bade baphele nya kweli
lizwe ndalinika bona nooyise-mkhulu.”

UJeremiya 25

Amashumi asixhenxe eminyaka yokuthinjwa

1Kunyaka wesine ukumkani uJoyakim, unyana kaJosiya, elawula kwaJuda,
lavakala ilizwi kuJeremiya, livela kuNdikhoyo, limayela nabantu bakwaJuda
xa bebonke. Lo yayingunyaka wokuqala uNebhukadenezare elawula
eBhabheli.

2UJeremiya wathetha nabantu bakwaJuda nabemi baseJerusalem xa
bebonke, wenjenje:

3“Kwiminyaka engamashumi mabini anantathu ukuza kuthi ga ngoku,
kususela kunyaka weshumi linantathu elawula ukumkani uJosiya unyana ka-
Amon, ilizwi likaNdikhoyo lalisoloko lifika kum, ndibe nam ndiphindelela
ukubhekisa kuni. Koko nina nisuke anahoya nto kwaphela.

4Naxa ephindelela uNdikhoyo ukunithumela zonke izicaka zakhe
ezingabashumayeli, nisuke nina aneva, analibekela indlebe ilizwi lakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5Abo bashumayeli babesithi: ‘Guqukani elowo kwimikhwa yakhe emibi,
nakwizenzo zakhe ezimdaka, khon' ukuze niwuhlale ngonaphakade
kanaphakade lo mhlaba wanikwa nina nooyihlo-mkhulu nguNdikhoyo.’

6Babesithi: ‘Ze ningalandeli thixo bambi, nibakhonze, niqubude kubo. Ze
ningamcaphukisi uNdikhoyo ngezithixo enizenze ngezenu izandla, ukuze
anganihliseli intlekele.’

7Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo, uthi: ‘Nina anindiphulaphulanga, suka
nandicaphukisa ngoothixo enibenze ngezandla zenu, naza nazibizela ububi.’

8“Ngoko ke, utsho uNdikhoyo uSomandla-onke ukuthi: ‘Niyabona, ngenxa
yokuba ningafunanga kundiva,

9ndinibizela izizwe zonke zangasentla, kunye nesicaka sam ukumkani
uNebhukadenezare waseBhabheli.’ Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.
‘Ndibathumela kweli lizwe nabemi balo nazo zonke iintlanga
ezilingqongileyo. Ndiza kunitshabalalisa kuphele tu, ndinenze nibe
ngumbono ombi, into enezothe, kube linxuwa kuni ngonaphakade.’

10“Ndoyiphelisa loo ntswahla yemigcobo nemincili yabo, lingabi savakala
izwi lomyeni nelomtshakazi. Sophela isandi selitye lokuguba, izibane zabo
zicime.

11Liya kutsho libe yinkangala ngamanxuwa lonke ilizwe, zize ezi zizwe zibe
zizicaka zokumkani waseBhabheli iminyaka engamashumi asixhenxe.

12“Emva kwaloo minyaka imashumi asixhenxe ke ukumkani waseBhabheli
ndomohlwaya kunye nesizwe sakhe ngenxa yobugwenxa babo.” Lowo
ngumlomo kaNdikhoyo. “Nelizwe lamaKaledi ndolenza libe yinkangala
ngonaphakade.

13Elo lizwe ndolihlisela zonke izinto endazithethayo – nditsho zonke
ezibhaliweyo kuyo le ncwadi, ezo bezishunyayelwa nguJeremiya ngeentlanga
zonke.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Kwa-amaBhabheli oba ngamakhoboka ezizwe ezininzi neekumkani
ezinamandla. Ndiza kuwabuyekeza ngokwezenzo zawo nemisebenzi yawo.”

Izel' ibhekile yingqumbo kaThixo

15 UNdikhoyo, uThixo kaSirayeli, watsho kum ukuthi: “Ina, thatha le bhekile
izele yiwayini eyingqumbo yam, uyiseze zonke iintlanga endiya kukuthuma
kuzo.

16Zakuyisela ziya kutsho zididizele, ziphambane ngenxa yekrele endiza
kuzihlisela lona.”

17Ndayithatha ke loo ndebe esandleni sikaNdikhoyo, ndayiseza zonke
iintlanga awayendithume kuzo.

18Ndayisa eJerusalem nakuzo zonke iidolophu zakwaJuda, neekumkani
neziphathamandla zazo, basela, yatsho yayinkangala, into eyoyikekayo,
intlekisa nesiqalekiso, njengoko isenjalo nanamhla.

19Abathe basela kuloo bhekile ngaba: Ukumkani waseJiputa kunye namagosa
akhe neziphathamandla, nabo bonke abantu baseJiputa,

20kwakunye nabangeneleli; bonke ookumkani belaseUzi, nabo bonke
ookumkani bezixeko zamaFilistiya: iAshkelon, iGaza, iEkron, namasalela
aseAshdodi;

21bonke abantu base-Edom, eMowabhi, naseAmon, bayisela;

22ookumkani baseTire naseSidon bonke; ookumkani bamazwana
angaphesheya kolwandle nabo bayisela,

23kunye nezixeko zaseDedan, eTema, naseBhuze, nabantu abacheba iinwele
ezintlafunweni basela;

24ookumkani bama-Arabhu, nookumkani bezizwe ezingumxube zasentlango;

25nookumkani baseZimri nase-Elam naseMediya,

26nabo bonke ookumkani basemantla, abakude nabakufuphi
ngokulandelelana. Zonke izizwe eziphezu komhlaba zimelwe kukusela kuloo

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

bhekile yengqumbo kaThixo. Ekugqibeleni ke iya kuba ngukumkani waseSheshaki oya kusela.

27“Baxelele ke abantu uthi: ‘UNdikhoyo uSomandla-onke, uThixo kaSirayeli, utsho ukuthi: Selani ninxile nide nihlanze, niwe ningavuki ngenxa yekrele endinizisela lona.’

28Xa besala ukuyithatha basele loo bhekile isezandleni zakho, uze uthi: ‘Kutsho uNdikhoyo uSomandla-onke ukuthi: Selani! Nakanjani na, selani!

29Niyabona, ndiza kuqala apha kanye kwesi sixeko sibizwa ngegama lam, ndisihlisele intlekele. Niba nina niya kubhunca? Aningekhe ningohlwaywa, kuba ndibazisela ikrele bonke abemi behlabathi. Lowo ngumlomo kaNdikhoyo uSomandla-onke.’

30“Wena ke, bashumayeze ubaxelele olu daba, uthi: “ ‘UNdikhoyo uyazongoma esibhakabhakeni; izwi lakhe lihlokoma ekhayeni lakhe elilodwa. Ugragramela umhlaba wakhe ngamandla; utsho ngentswahla okwabaxovula iidiliya, ebhekisa kubemi behlabathi xa lilonke.

31Intlokoma yovakala naseziphelweni zehlabathi, kub' uNdikhoyo wob' esisa izizwe ematyaleni, lugwetywe lonke uluntu, amatshijolo awanikele kwikrele.’ Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

32Utsho uNdikhoyo uSomandla-onke ukuthi: ‘Yehl' intlekele! Isuka kwesi sizwe, iye kwesiya, oku kwenkanyamba evela kumaphethelo elizwe.’ ”

33Ngelo xesha ke bonke abo babulewe nguNdikhoyo boba bethe saa ngeenxa zonke – ukususela kweli cala lomhlaba, kuse kweliya. Abayi kuzilelwa; abayi kuqokelelwa; bengayi kungcwatywa. Baya kudunduluza okwamalongwe phezu komhlaba.

34Yitshoni ngesimbonono, nina belusi, niziqikaqike eluthulini, nina zikhwakhwamela zomhlambi. Ligalelekile kaloku ixesha lokuxhelwa kwenu; niza kuqikileka, niqhekeke, nixel' iingqayi zexabiso.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

35Ophela amahlathi kuni, belusi; nani, zikhwakhwamela zomhlambi, anisayi kuphuncuka.

36Bayambomboloza abelusi; ziyangquleka izikhwakhwamela zomhlambi; kuba kaloku uNdikhoyo ulibharhisile idlelo.

37Zitsho zangumqwebedu neentili eziluhlaza, ngenxa yengqumbo erhwaqelisayo kaNdikhoyo.

38Wofulathela axel' ingonyama ishiy' isikhundla, kube yintshabalalo ezweni labo, ngenxa yoburhalarhume bomsindo wakhe, nangenxa yengqumbo erhwaqelisayo.

UJeremiya 26

Izisongelo kuJeremiya ngenxa yentshumayelo yakhe

1Ndafikelwa lilizwi livela kuNdikhoyo, esaqala ukulawula uJoyakim,ukumkani wakwaJuda, unyana kaJosiya, lisithi:

2“Utsho uNdikhoyo ukuthi: Yiya phaya eyadini yendlu kaNdikhoyo, ufike uthethe nabo bonke abantu beedolophu zakwaJuda abeze kunqulela endlwini kaNdikhoyo, ubaxelele konke endakuyalela kona, ungashiyi nento le.

3Mhlawumbi bangeva aba bantu, elowo aguquke ayiyeke imikhwa yakhe emibi. Nam ke ndorhoxa ekubahliseleni intlekele njengoko besendigqibe ukwenjenjalo ngenxa yezenzo zabo ezimdaka.

4“Yithi kubo: Utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘Ukuba nineenkani, naza anawuthobela umyalelo endinimisele wona,

5ningawahoyi namazwi ezicaka zam abashumayeli endiphindelele ukubathumela kuni naxa beningaphulaphuli kakade,

6le ndlu ndoyenza ifane neShilo, nesi sixeko sitsho sibe yinto ekuqalekiswa ngayo phakathi kwezizwe zehlabathi.’ ”

7Ababingeleli, nabashumayeli, kwakunye nabantu xa bebonke, bamva uJeremiya ewathetha la mazwi endlwini kaNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Uthe nje akugqiba ukuthetha yonke loo nto kwakuthiwe aze ayithethe
nguNdikhoyo, ababingeleli nabashumayeli, bekunye nabantu bonke, bamthi
hlasi, bathi: “Uza kufa wena!

9Kutheni ukuba ushumayele ngegama likaNdikhoyo uthi le ndlu iza kufana
neShilo, esi sixeko sitshabalale sibe yinkangala ngamanxuwa, singahlalwa
mntu?” Bamvingcela kuloo ndlu kaNdikhoyo uJeremiya bonke abantu.

10Zithe ezi ndaba zakufika kwiziphathamandla zakwaJuda, zatsho
zagxalathelana ukusuka ebhotwe, zisiya endlwini kaNdikhoyo, zafika zaya
kutsho ezihlalweni zazo ngakwiSango eLitsha lendlu kaNdikhoyo.

11Ababingeleli nabashumayeli babhekisa kwiziphathamandla nabo bonke
abantu, besithi: “Lo mntu ufanelwe kukugwetyelwa ukufa; niyive ngokwenu
into ayishumayele ngesi sixeko!”

12UJeremiya ubhekise kwiziphathamandla nakubantu bonke, wenjenje:
“NguNdikhoyo ondithume ukuba ndishumayele ezi zinto benindiva
ndizithetha ngale ndlu nesi sixeko.

13Ngoko yahlukanani nale mikhwa mibi yenu nezenzo zenu ezimdaka,
nimthobele uNdikhoyo uThixo wenu. Uya kwandula ke uNdikhoyo
ukusirhoxisa isigqibo sokunihlisela intlekele.

14Mna okokwam ndisezandleni zenu; yenzani loo nto nibona ifanele
ukwenziwa.

15Kambe ke nize nazi kakuhle ukuba xa nindibulala noba netyala lokuphalaza
igazi elimsulwa, nikunye nesi sixeko nabemi baso, kuba mna ngenene
ndithunywe nguNdikhoyo ukuba ndize kuwathetha kuni la mazwi
niwevileyo.”

16Iziphathamandla zikunye nabantu bonke, zathi kubabingeleli
nabashumayeli: “Lo mntu akasifanelanga isigwebo sokufa! Uthetha nathi
egameni likaNdikhoyo uThixo wethu.”

17Kwavela amadoda amakhulu elo zwe, abhekisa kuloo ntlanganiso, athi:

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

18“Ngemihla kakumkani uHezekiya wakwaJuda kwabakho umfo waseMoreshete, owayenguMika igama, owathetha nabantu bonke bakwaJuda esithi: ‘Utsho uNdikhoyo uSomandla-onke ukuthi: “ ‘Iya kuphethulwa ixel' intsim' ilinywa iZiyon, yona iJerusalem ibe yimfumba yamabhodlo, intaba yendlu kaThixo yona ibe ziinduli ezinamahlathi.’

19“Ingaba uMika wabulawa na ngukumkani uHezekiya kunye nabantu bakwaJuda? Akazange na uHezekiya amoyike uNdikhoyo azicelele isisa kuye? Akazange na yena uNdikhoyo ayirhoxise intlekele abeselegqibe ukubahlisela yona? Thina sisemngciphekweni wokuzihlisela ishwangusha!”

(20Kukwakho nomnye umfo owayengu-Uriya unyana kaShemaya waseKiriyati-yarim owayeshumayela naye egameni likaNdikhoyo, ethetha kwale nto ithethwe nguJeremiya ngesi sixeko neli lizwe.

21Ukumkani uJoyakim kunye namagorha akhe neziphathamandla zonke wafuna ukumbulala akuliva udaba lwakhe. Wathi akuyiva loo nto u-Uriya, wasabela eJiputa.

22Ukumkani uJoyakim wamthumela eJiputa apho uElinatan unyana ka-Akebhore, eneqela lamadoda, ukuba aye kumlanda u-Uriya.

23Babuye naye eJiputa, bamsa kukumkani Joyakim, owathi u-Uriya makaxatyelwe ngekrele, umzimba wakhe uye kulahlwa apho kungcwatyelwa khona abantu abaphantsi.)

24Kwavela uAhikam unyana kaShafan, waxhasa uJeremiya, akabi sanikezelwa ke eluntwini ukuba abulawe.

UJeremiya 27

UJeremiya uthwala idyokhwe

1Esaqala ukulawula uZedekiya, unyana kaJosiya ukumkani wakwaJuda, lavakala ilizwi kuJeremiya, livela kuNdikhoyo, lisithi:

2“Utshilo uNdikhoyo kum ukuthi: Zenzele iidyokhwe ezinezitrophu, enye uyithwale entanyeni,

© 1996 Bible Society of South Africa.

3ezinye uzithumele kookumkani base-Edom, eMowabhi, eAmon, eTire,
naseSidon, uzithumela ngezi zigidimi zize apha eJerusalem kuZedekiya
ukumkani wakwaJuda.

4Ziyalele ukuba zixelele iinkosi zazo zithi: Utsho uNdikhoyo uSomandla-onke,
uThixo kaSirayeli, ukuthi:

5‘Lenziwe ndim ngamandla am amakhulu nengalo yam eyomeleleyo
ihlabathi, nabantu abakulo, nezilwanyana ezikulo; ndaye ndilinika nabani na
endifuna ukumnika lona.

6Ke ngoko onke amazwe enikuwo ndiza kuwanikezela esandleni
sikaNebhukadenezare, isicaka sam, ongukumkani waseBhabheli. Nditsho
nezilwanyana ezi zasendle ziza kuba zezakhe.

7Zonke izizwe ziza kuba phantsi kwakhe, nonyana wakhe, nomzukulwana
wakhe, lide lifike ixesha lokuwa kwelo lizwe lakhe. Emva koko ke kuya
kufika izizwe ngezizwe, zinookumkani bazo abanamagama, zimoyise.

8“ ‘Xa kuthe kwabakho isizwe okanye ulawulo esingafuni ukuzithoba phantsi
kukaNebhukadenezare ukumkani waseBhabheli, nditsho esingavumiyo
ukuyithwala entanyeni idyokhwe yakhe, eso sizwe ndosohlwaya ngekrele,
nendlala, nangobhubhani, side sinikezelwe ngokupheleleyo esandleni
sikaNebhukadenezare.’ Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

9‘Ngoko ke musani ukubaphulaphula abashumayeli benu, noosiyazi benu,
nabalawuli-maphupha benu, namatola enu, nezanuse zenu, abathi kuni:
“Anisoze naba zizicaka zikakumkani waseBhabheli.”

10Banishumayeza ubuxoki abo; bona baya kunibangela ukuba nikhutshelwe
kude kumhlaba wenu. Ndonichitha-chitha nitshabalale.

11Kanti sona isizwe esimthobelayo ukumkani waseBhabheli, sifake intamo
edyokhweni yakhe, simthobele, sona ndosiyeka emhlabeni waso: sohlala
kuwo, siwulime.’ ” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

12NakuZedekiya ukumkani wakwaJuda, ndithethe kwaloo nto inye. Ndithe:
“Mthobeleni ukumkani waseBhabheli, niyithwale idyokhwe yakhe,
nimkhonze yena nabantu bakhe, khon' ukuze niphile.

13Ngani ukuba nizibulalise ngekrele, nendlala, nobhubhani, zinto ezo eziya
kuthunyelwa nguNdikhoyo kwisizwe esingafuni ukuthobela ukumkani
waseBhabheli?

14Ze ningawaphulaphuli amazwi abashumayeli abathi: ‘Anisokuze nibe
phantsi kolawulo lukakumkani waseBhabheli,’ kuba bashumayela ubuxoki
bodwa xa batshoyo.

15Abathunywanga ndim abo.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. “Bathetha
ubuxoki egameni lam. Ngoko ke ndonigxotha, nitshabalale kunye nâbo
bashumayeli banishumayeze ubuxoki.”

16Ke ndithe kubabingeleli nakubantu bonke: “Utsho uNdikhoyo ukuthi: Ze
ningawaphulaphuli amazwi abashumayeli abathi: ‘Iimpahla zendlu
kaNdikhoyo ziza kubuya kwakamsinyane eBhabheli.’ Banishumayeza
ubuxoki.

17Ze ningabaphulaphuli. Ze nithobele ukumkani waseBhabheli xa nifuna
ukuphila. Ngani ukuba esi sixeko sibe ngamabhodlo?

18Ukuba bangabashumayeli – ukuba likho kubo ilizwi likaNdikhoyo –
mabambongoze uNdikhoyo uSomandla-onke, khon' ukuze impahla eseleyo
yendlu yakhe, neyasebhotwe lokumkani wakwaJuda, neyabantu
baseJerusalem, ingathinjwa isiwe eBhabheli.”

(19-20Xa ukumkani uNebhukadenezare wayebamba ukumkani wakwaJuda
uJekoniya, unyana kaJoyakim, kunye neziphathamandla zakwaJuda
naseJerusalem, ebasa eBhabheli, wazishiya iintsika kunye netanki yobhedu,
neenqwelwana, kunye nezinye izinto ezashiywayo endlwini kaThixo.)

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21Ngokubhekisele kwimpahla eseleyo endlwini kaNdikhoyo, nasebhotwe
lokumkani, naseJerusalem, utsho uNdikhoyo uSomandla-onke uThixo
kaSirayeli ukuthi:

22“Iya kusiwa eBhabheli, ihlale apho ndide mna ndibuye ndiyilande
ngokwam,” lowo ngumlomo kaNdikhoyo, “ndiyibuyisele kwakule ndawo.”

UJeremiya 28

UJeremiya nomshumayeli uHananiya

1Kwangaloo nyaka, ngenyanga yesihlanu, kunyaka wesine elawula
uZedekiya ukumkani wakwaJuda, uHananiya unyana ka-Azure
waseGibheyon wathi kum, sisendlwini kaNdikhoyo, ngaphambi
kwababingeleli nabantu bonke:

2“Utsho uNdikhoyo onguSomandla-onke, uThixo kaSirayeli, ukuthi:
‘Ndiyaphule idyokhwe kakumkani waseBhabheli ephezu kwenu.

3Ngeminyaka emibini ndiza kuyibuyisela kule ndawo yonke impahla yendlu
kaNdikhoyo eyathathwa yasiwa eBhabheli ngukumkani waseBhabheli
uNebhukadenezare.

4Ndiza kubabuyisela apha ooJekoniya unyana kaJoyakim ukumkani
wakwaJuda, nabo bonke abathinjwa bakwaJuda abasiwa eBhabheli.’ Lowo
ngumlomo kaNdikhoyo. Ewe, uthi: ‘Ndiyaphule idyokhwe yokumkani
waseBhabheli ephezu kwenu.’ ”

5UJeremiya umshumayeli wamphendula umshumayeli uHananiya apho
ngaphambi kwababingeleli nabantu bonke ababelapho endlwini kaNdikhoyo,

6wenjenje: “Amen! Akwaba ngenene uNdikhoyo la mazwi entshumayelo
yakho ebeya kuwafezekisa, ayibuyisele kule ndawo impahla yendlu yakhe,
kunye nabo bonke abathinjwa abaseBhabheli!

7Kambe ke, khawuve le nto ndiza kuyithetha apha phambi kwakho
nangaphambi kwabo bonke aba bantu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Abashumayeli bamandulo, ababekho ngaphambi kwethu, babeshumayela
ngemfazwe nendlala nobhubhani, bethetha ngezizwe ezikude nezikumkani
ezinamandla.

9Umshumayeli ke obevakalisa uxolo ebecaca ukuba ungothunywe
nguNdikhoyo ngenene xa izinto azishumayelayo zisenzeka.”

10UHananiya wayixhiwula loo dyokhwe yayisentanyeni yomshumayeli
uJeremiya, wayaphula,

11wathetha apho ngaphambi kwabantu, wathi: “Utsho uNdikhoyo ukuthi
yena uza kwenjenje ukuyaphula idyokhwe ukumkani uNebhukadenezare
ayithwalise izizwe zonke. Iza kwenzeka kwiminyaka emibini loo nto.”
Umshumayeli uJeremiya ke usuke wemka.

12Emva kokuba umshumayeli uHananiya eyaphule idyokhwe eyayisentanyeni
yomshumayeli uJeremiya, lavakala ilizwi likaNdikhoyo kuJeremiya lisithi:

13“Hamba uye kuthi kuHananiya: Utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘Ewe, uyaphule
idyokhwe eyenziwe ngomthi, kodwa uza kufakwa eyentsimbi.’

14Utsho uNdikhoyo onguSomandla-onke, uThixo kaSirayeli, ukuthi: ‘Zonke
ezi zizwe ndiza kuzithwalisa idyokhwe yentsimbi, zaye ziza kuba zizicaka
zikakumkani uNebhukadenezare waseBhabheli. Ewe, uza kuthotyelwa
nazizilwanyana zasendle uNebhukadenezare.’ ”

15Emva koko umshumayeli uJeremiya wathi kumshumayeli uHananiya:
“Jong' apha, Hananiya, akuthunywanga nguNdikhoyo konke wena, yaye aba
bantu ubenza babambelele ebuxokini.

16Utsho ke kuwe uNdikhoyo ukuthi: ‘Uyabona, ndiza kukususa wena phezu
komhlaba. Ungekapheli lo nyaka, uza kufa wena, kuba ufundisa abantu
ukukreqa kuNdikhoyo.’ ”

17Wabhubha ngenyanga yesixhenxe kwakuloo nyaka umshumayeli
uHananiya.

UJeremiya 29

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Incwadi eya kubathinjwa

1Nantsi incwadi eyabhalwa ngumshumayeli uJeremiya eseJerusalem, ebhalela amasalela amadoda amakhulu afudusiweyo, nababingeleli, nabashumayeli, kunye nabantu bonke abathathwa ngukumkani uNebhukadenezare eJerusalem, baya kuba ngabathinjwa eBhabheli.

2Wayibhala emva kokuba ukumkani uJekoniya nonina, namaphakathi, kunye neziphathamandla zakwaJuda naseJerusalem, namagcisa nabasebenzi bentsimbi bakhona, basiwa ekuthinjweni.

3Wayinikela uElasa unyana kaShafan loo ncwadi, ekunye noGemariya unyana kaHilekiya, ababezizigidimi zikakumkani uZedekiya wakwaJuda awazithumayo eBhabheli kukumkani uNebhukadenezare. Wabhala wenjenje:

4 UNdikhoyo uSomandla-onke onguThixo kaSirayeli, utsho kubo bonke abathinjwa awabasa eBhabheli, besuka eJerusalem, ukuthi:

5“Yakhani izindlu, nihlale kuzo; limani izitiya, nitye iziqhamo zazo.

6Thathani abafazi, nizale oonyana neentombi; oonyana benu nibafunele abafazi, nizendise neentombi zenu, ukuze nabo bazale oonyana neentombi – qhamani nande, ninganciphi.

7Zamelani ucwangco kwezo zixeko ndinithumele kuzo, nizithandazele kuNdikhoyo, kuba xa ziba nenkqubela, nani noxhamla kuloo ntlala-kahle.”

8Ewe, utsho uNdikhoyo, uSomandla-onke, uThixo kaSirayeli ukuthi: “Sanukuvuma ukukhohliswa ngâbo bashumayeli noosiyazi abaphakathi kwenu, ningawathatheli ngqalelo naloo maphupha bawaphuphayo.

9Banishumayeza egameni lam bexoka; abathunywanga ndim konke.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

10Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Yakuba izalisekile kwiBhabheli iminyaka emashumi asixhenxe ndonikhumbulela, ndisifezekise isithembiso sokunibuyisela kule ndawo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Kaloku zisekuhleni kum izicwangciso zam ngani zokuba ndininike intlala-
kahle ingabi bububi, ndinidalele ikamva nethemba." Lowo ngumlomo
kaNdikhoyo.

12"Nokhalela kum, nize kundithandaza, ndize mna ndiniphulaphule.

13Nondifuna nindifumane, xa nindifuna ngomxhelo wonke.

14Ewe, ndithi ndofumaneka, ndize ke mna ndikuphelise kuni ukuthinjwa."
Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. "Ndoniqokelela phakathi kwezo ntlanga
ndanichitha-chithela kuzo, ndinibuyisele kule ndawo apho ndanisusa khona."
Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

15Nithi nina: "UNdikhoyo wasinika abashumayeli eBhabheli."

16Kodwa ngokuphathelele kukumkani osesihlalweni sikaDavide kwakunye
nakubantu bonke besi sixeko, amawenu angazanga asiwa ekuthinjweni kunye
nani,

17utsho uNdikhoyo uSomandla-onke ukuthi: "Bona ndiza kubahlisela ikrele,
nendlala, nobhubhani. Ndobatsho bafane namakhiwane angenakutyiwa
ngenxa yokuba mabi kwawo.

18Ndobasukela ngekrele nendlala nobhubhani, ndibatsho babe nezothe kuzo
zonke iintlanga ehlabathini. Boba sisiqalekiso, izinto ezinezothe ezisisigculelo
nesingcikivo naphi na apho ndobagxothela khona.

19Kaloku abawahoyanga amazwi endaphindelela ukuwathetha
ngabashumayeli izicaka zam." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. "Kanti nina
bathinjwa nani khange naphulaphula.

20"Nina ke endanifudusayo eJerusalem ndanenza naba ngabathinjwa
eBhabheli, liveni ilizwi likaNdikhoyo.

21Ngokubhekiselele kuAhabhi unyana kaKolaya nakuZedekiya unyana
kaMaseya abanishumayeza egameni lam bexoka utsho uNdikhoyo
uSomandla-onke, uThixo kaSirayeli, ukuthi: Bona ndiza kubanikela esandleni

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

sikakumkani uNebhukadenezare waseBhabheli, ababulale apha ngaphambi kwenu.

22Bonke abantu abasiwa ekuthinjweni eBhabheli, befuduswe eJerusalem, bothi xa befuna ukuqalekisa: ‘UNdikhoyo makakufanise noZedekiya noAhabhi abafakwa emlilweni behleli ngukumkani waseBhabheli.’

23Kaloku benze isikizi kwaSirayeli: bona bakrexeza nabafazi babamelwane, bathetha egameni lam bexoka, bengathunywangwa ndim. Ndiyayazi loo nto mna, yaye ndilingqina layo.” Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo.

Udaba oluya kuShemaya

24Yithi kuShemaya umNehelam:

25“Utsho uNdikhoyo uSomandla-onke, onguThixo kaSirayeli, ukuthi: Wena wathumela iincwadi egameni lakho kubo bonke abantu baseJerusalem, nakumbingeleli uZefaniya unyana kaMaseya, nakubo bonke abanye ababingeleli. Wabhalela uZefaniya wenjenje:

26‘UNdikhoyo ubeke wena waba ngumbingeleli esikhundleni sikaJoyada. Nguwe ke ngoku usomaqhuzu endlwini kaNdikhoyo. Ingumsebenzi wakho ke ukuba onke amageza azenza abashumayeli akhonkxwe iinyawo ngezikhuni, afakwe nentsimbi entanyeni.

27Uyekele ntoni kodwa ukwenjenjalo kuJeremiya waseAnatoti ozenza umshumayeli phakathi kwenu?

28Usanda kusibhalela incwadi apha eBhabheli, esithi abathinjwa abalapha baza kuhlala ixesha elide apha, ngoko ke mabazakhele izindlu, bahlale kuzo, balime izitiya, batye iziqhamo zazo.’ ”

29Umbingeleli uZefaniya wayifundela umshumayeli uJeremiya loo ncwadi,

30laza lavakala ilizwi likaNdikhoyo kuJeremiya lisithi:

31-32“Thumela kubantu abangabathinjwa uthi: ‘Nkokusingisele kuShemaya umNehelam uNdikhoyo utsho ukuthi: Ndiza kumohlwaya uShemaya kunye nenzala yakhe, kuba unishumayeza noxa engathunywanga ndim, wanenza

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

nathemba ubuxoki. Ngenxa yoko utsho uNdikhoyo ukuthi: Niyabona, akayi kuba nanzala konke. Akasobe azibone izinto ezintle endiza kuzenzela abantu bam, kuba kaloku yena ubebafundisa abantu ukukreqa kuNdikhoyo. Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.' "

UJeremiya 30

Ukubuyiswa kwamaSirayeli

1Lavakala kuJeremiya ilizwi likaNdikhoyo, lisithi:

2"Utsho uNdikhoyo, uThixo kaSirayeli, ukuthi: 'Wabhale encwadini onke amazwi endiwathethileyo kuwe.

3Kuba kaloku lifikile ixesha lokupheliswa kokuthinjwa kwabantu bam amaSirayeli namaJuda. Ndiza kubabuyisela kumhlaba endawunika ooyise-mkhulu, babuye bawume kwakhona,' utsho uNdikhoyo."

4Wenjenje ukuthetha uNdikhoyo, ebhekisa kumaSirayeli nakumaJuda:

5"Utshilo uNdikhoyo ukuthi: 'Kuvakala isikhalo esibangwa lixhala.

6Khawuthi xha, ukhe ucinge: yakha yazala kanene indoda? Kutheni ke le nto ndibona amadoda ebambe izinqe ngathi ngumfazi osikwa yinimba? Kutheni ematshekile nje?

7Mawoo! Hayi ukuba nkulu kwaloo mini! Ayikho eyakha yafana nayo. Lixesha lembandezelo kwindlu kaYakobi, kodwa noko yosinda kuyo.'

8"Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo uSomandla-onke: 'Ngaloo mini ndoyaphula idyokhwe abaphantsi kwayo, ndiziqhawule izitrophu ababotshwe ngazo, bangabi saba ngamakhoboka abantu basemzini.

9Ndaweni yaloo nto baza kuba zizicaka zikaNdikhoyo uThixo wabo, nezicaka zokumkani wabo uDavide endiya kubavelisela yena.'

10" 'Musa ukoyika ke, sicaka sam Yakobi; nawe Sirayeli, mus' ukunkwantya.' Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. 'Ndiza kukuhlangula kwelo lizwe likude, ndiyikhulule inzala yakho kumazwe engabathinjwa kuwo. Ewe, uYakobi woxhamla inzolo nolonwabo, kungabe kubekho bani umothusayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Ndinawe ukuze ndikusindise.’ Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. ‘Zona iintlanga endikuchitha-chithe phakathi kwazo ndozitshabalalisa mpela, kodwa wena andiyi kukucima tu igama. Nawe phofu uza kohlwaywa; ndiza kukuqeqesha, phofu ndingabi ngqongqo kuwe.’

12“Utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘Inxeba lakho alinako nokubotshwa oku; wenzakele kangangokuba ungabi nakunyangwa.

13Awunamthetheleli; awunayeza lokuzinyanga izilonda, ungenalo nethemba lokuphiliswa.

14Izithandwa zakho zikulibele zonke; azisacingi nokucinga oku ngawe. Ndikubethe oku kotshaba, ndakuqeqesha ngqongqo ngenxa yezikreqo zakho ezikhulu, nezono zakho ezininzi.

15Yini ukuba ukhale ngenxa yenxeba lakho, nangenxa yeentlungu zakho ezingenakunyangeka? Ndikwenzele konke oku ngenxa yobukhulu bezikreqo zakho nobuninzi bezono zakho.

16“ ‘Kodwa ke bonke abaqwenga wena boqwengwa nabo; bonke abakuchasayo baya kusiwa ekuthinjweni. Bonke abakuphangayo nabo bophangwa; nabo bakwenza amaxhoba bokwenziwa amaxhoba nabo.

17Ke wena ndiza kukubuyisela empilweni, ndikupholise amanxeba, nakuba kusithiwa ungumlahlwa, iZiyon engafunwa bani.’ Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

18“Utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘Izindlu zakwaYakobi ndiza kuzibuyisela kundalashe, zidle ngendebe endala, ndibe nemfesane kumzi ngamnye. Amanxuwa aseJerusalem aza kuvuswa, nebhotwe lime kwasendaweni yalo.

19Kovakala intsholo yemibongo apho, nentswahla yemigcobo. Ndobatsho bande, banganciphi; babaluleke, bangadeleki.

20Inzala yabo yoba njengeyamandulo, ibandla labo ndilizinzise, ndibohlwaye bonke ababacinezelayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

21Inkokheli yabo yovela kwakubo, umlawuli aphume phakathi kwabo. Uya
kuvela ngokubizwa ndim, asondele kufuphi nam, kungekho bani nje ungade
asondele kum ndingambizanga.' Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

22'Ewe, niya kuba ngabantu bam, mna ndibe nguThixo wenu.' "

23Niyabona, kuphuma kuNdikhoyo ulophu, nditsho isaqhwithi esoyikekayo
esivuthuza phezu kweentloko zabangendawo.

24Lo msindo kaNdikhoyo awuyi kujika ade abe ukufezekisile oko akucebileyo
entliziyweni yakhe. Kwimihla ezayo niya kuyiqonda kakuhle le ndawo.

UJeremiya 31

AmaSirayeli aza kugoduka

1Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: "Ngelo xesha ndoba nguThixo wazo zonke
izizwe zakwaSirayeli, zona zibe ngabantu bam."

2Ewe, utsho uNdikhoyo ukuthi: "Abantu abasinde kulo ikrele ndobenzela
inceba entlango, ndiwanike ukuphumla amaSirayeli."

3UNdikhoyo wabonakala kwamandulo, wathi: "Sirayeli, ndikuthanda
ngothando olungapheliyo; ndahlala ndikwenzela izibele.

4Ndiza kubuya ndikuvuse, utsho wakheke, ntombindini Sirayeli! Uza kubuya
ugaxele amagubu, ungenelele kumxhentso wabavuyayo.

5Wobuya ulime iidiliya kweziya ntili zaseSamariya, olimayo axhamle
iziqhamo zazo.

6Kuza imini abaya kuthi abalindi bamemeze bekwiinduli zakwaEfrayim,
bathi: 'Yizani sinyukele kwintaba iZiyon, siye kuNdikhoyo uThixo wethu.' "

7Utsho uNdikhoyo ukuthi: "Dandulukani nivuye ngenxa kaYakobi;
memelelani ngenxa yenjinga yezizwe, nitsholoze nithi: 'Basindise abantu
bakho, Ndikhoyo, nditsho amasalela akwaSirayeli.'

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Nâbo ndibakhupha emantla, ndibaqokelela eziphelweni zehlabathi! Zilapho iimfama neziqhwala, abakhulelweyo nasebesindeka. Yoba nguMbo nomXesibe ukujong' ekhaya.

9Bobuya belila begixa, ndibakhokele betarhuzisa, bahambe ngakwimilambo empompozayo, kwiindlela ezithe tye, bangabi sakhubeka. Suka ndanguyise kuSirayeli; uEfrayim wayinkulu yam!

10“Liveni ilizwi likaNdikhoyo, nina zintlanga; libhengezeni nakwiziqithi ezikude, nithi: ‘Lowo wawachitha-chithayo amaSirayeli wobuya awaqokelele, awaluse oku komalusi elind' umhlambi.’

11Kaloku uNdikhoyo womkhulula uYakobi; amhlangule kwiintlanga ezinamandla kunaye.

12Bobuya batsho ngentsholo ezindulini zeZiyon, bevuyiswa bububele bukaNdikhoyo; ewe, nditsho ingqolowa, newayini entsha, namafutha omnquma, neenkomo neegusha abaphe zona. Bochuma oku komhlaba onkcenkceshelwayo, bangabi saphinda baxhwaleke.

13Iintombi zongqungqa, zigcobe, benjenjalo abafana kwanamadoda. Usizi lwabo ndoluguqula lube luvuyo; ndobathuthuzela bagcobe, bangabuyi babe buhlungu.

14Ababingeleli bodikwa sisabelo sabo, abantu bam bahluthe yindyebo yezinto zam.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

Ukungathuthuzeleki kukaRakeli

15Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Kuvakala isikhalo esikrakra eRama. URakeli ulilela abantwana bakhe, engavumi ukuthuthuzeleka, kuba bengasekho.”

16Utsho ke uNdikhoyo ukuthi: “Ngxe, yeka ukulila! Musa ukuba nyembezana. Inkxamleko yakho iza kuvuzwa.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. “Abantwana bakho bobuya kwilizwe lotshaba.

17Likho ithemba ngekamva lakho,” lowo ngumlomo kaNdikhoyo, “kuba abantwana bakho baza kubuyela kwelokuzalwa.

© 1996 Bible Society of South Africa.

18Ewe, ndimvile encwina uEfrayim, esithi: ‘Undiqeqeshile ndatsho ndanjengethole eliqhelisiweyo. Ndibuyise, khon' ukuze ndibuyele kuwe, kuba nguwe, Ndikhoyo, uThixo wam.

19Ndakuba ndikreqile, ndibuye ndazohlwaya; ndakuba ndiziqondile, ndizive ndidanile. Ndineentloni, ndihlazekile ngenxa yokusindwa ngamahlazo obutsha bam.’

20Ngaba uEfrayim asingonyana wam oyintandane, umntwana endinebhongo ngaye? Okukhona ndimkhalimelayo kokukhona ndimkhumbulelayo. Ndisikwa yimfesane ngenxa yakhe; inene, ndomthi jize ngenceba.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

21“Misa izalatha-ndlela, ugxumeke izalathiso. Qwalasela indlela owohamba ngayo. Goduka, ntombindini Sirayeli; buyela kwiidolophu zakowenu.

22Koda kube nini uthingaza, ntombindini ingathembekanga? UNdikhoyo udale into entsha emhlabeni: umfazi ekhusela indoda.”

Ukuvuselelwa kukaJuda

23Utsho uSomandla-onke, uNdikhoyo, uThixo kaSirayeli, ukuthi: “Xa sele ndibahlangule ekuthinjweni, ndababuyisela kundalashe, baya kubuya bathethe la mazwi emhlabeni wakwaJuda nakwiidolophu zawo, bathi: ‘Mzindini wobulungisa, ntabandini engcwele, uNdikhoyo makakusikelele.’

24Baya kuma ndawonye abantu bakwaJuda needolophu zakhona, belapho abalimi nabafuyi ababesoloko bejikeleza nempahla.

25Ndobahlaziya abatyhafileyo, ndibondle abafa yindlala,

26batsho bathi: ‘Khangela, besilele, savuka sihlaziyekile.’ ”

27UNdikhoyo uthi: “Iyeza imihla yokuba isizwe sikaSirayeli nesikaJuda ndisitsho sinyakazele yinzala yabantu neyemfuyo.

28Kanye njengoko ndingaphazamanga ukubancothula nokubadiliza nokubabhuqa nokubatshabalalisa nokubahlisela ishwangusha, ewe, ndiya kwenjenjalo ukwakha nokutyala.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

29“Ngaloo mihla abakubuya bathi abantu: ‘Ooyise bâtya iidiliya ezikrwada, suka kwabuthelezi amazinyo abantwana.’

30Umntu ngamnye uya kufa ngenxa yobugwenxa bakhe. Kuya kuthi lowo utya iidiliya ezimuncu, kube buthelezi awakhe amazinyo.”

31Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: “Ewe, iyeza imihla yokuba ndenze umnqophiso omtsha nesizwe sakwaSirayeli nesakwaJuda.

32Lo wona umnqophiso awuyi kufana nalowa ndawenzayo nookhokho babo mhla ndabathi chu ngesandla ndibakhupha eJiputa, mnqophiso lowo bangawugcinanga naxa ndandiyinkosi yabo. ” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

33“Nguwo lo umnqophiso endiza kuwenza nesizwe sikaSirayeli kwimihla ezayo,” lowo ngumlomo kaNdikhoyo: “Imiyalelo yam ndiya kuyimilisela ngaphakathi kwabo, ndiyishicilele ezintliziyweni zabo, mna ndibe nguThixo wabo, babe ngabantu bam bona.

34Abayi kuba safundisana ngam elowo umntakwabo, elowo ummelwane wakhe, besithi: ‘Mazini uNdikhoyo;’ kuba bonke baya kundazi ukususela koyena mncinane kuse koyena mkhulu. Ndobuxolela ubugwenxa babo, ndingabuye ndikukhumbule ukona kwabo.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

35NguNdikhoyo omisele ilanga ukuba likhanyise emini, ngokunjalo inyanga neenkwenkwezi ukuba zikhanyise ebusuku; ulozamazamisa ulwandle, agqume amaza; kuthiwa nguNdikhoyo uSomandla-onke igama lakhe.

36Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: “Xa ingatshitshayo le mimiselo ndingabi sayibona, nesizukulwana sikaSirayeli singanqamka singabi saba ngabantu bam.”

37Ewe, utsho uNdikhoyo ukuthi: “Mhla isibhakabhaka phezulu saba nokulinyaziswa, neziseko zomhlaba ngaphantsi zaba nokugocagocwa, kungelo thuba kuphela endingathi ndisibukule isizukulwana sikaSirayeli xa sisonke.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

38Lo ngumlomo kaNdikhoyo: “Iyeza imihla yokuba esi sixeko sakhelwe
uNdikhoyo ukusuka kwinqaba kaHananeli kuse kwiSango leKona.

39Umda waso uya kusuka apho uye kuthi ga ngenduli iGarebhe, ujikele
wenjenjeya ukuya eGowa.

40Yonke loo ntili kulahlwa kuyo izinto ezifileyo namabibi, nawo onke
amasimi angasentla kwentlambo iKedron, kuye kutsho kwikona yeSango
lamaHashe ngasempuma, iya kuba yekhethelwe uNdikhoyo. Esi sixeko asiyi
kubuye sidilizwe, sibhukuqwe.”

UJeremiya 32

UJeremiya uthenga umhlaba

1Kunyaka weshumi ukumkani uZedekiya elawula kwaJuda,owawungunyaka
weshumi elinesibhozo kulawula ukumkani uNebhukadenezare eBhabheli,
lavakala kuJeremiya ilizwi likaNdikhoyo.

2Ngelo xesha umkhosi wokumkani waseBhabheli wawuyingqingile
iJerusalem, yena uJeremiya evalelwe eyadini yabalindi ebhotwe lakwaJuda.

3Wayevalelwe entolongweni apho ngukumkani wakwaJuda uZedekiya, esithi:
“Kutheni le nto ushumayela ngolu hlobo? Kaloku uthi: ‘Utsho uNdikhoyo
ukuthi: Esi sixeko ndiza kusinikezela esandleni sokumkani waseBhabheli,
ndimvumele asithimbe.

4Ke yena uZedekiya ukumkani wakwaJuda naye akayi kusinda esandleni
samaKaledi, koko wonikezelwa esandleni sokumkani waseBhabheli,
babonane ngamehlo, bathethe ubuso ngobuso.

5Ukumkani waseBhabheli womthatha uZedekiya, amse eBhabheli, apho aya
kuhlala khona kude kufike ithuba lokuba ndimvele, lowo ngumlomo
kaNdikhoyo. Nokuba ningade nilwe nomkhosi wamaKaledi anisayi
kuphumelela.’ ”

6UJeremiya wathi: “Livakele ilizwi likaNdikhoyo lisithi kum:

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7UHanameli, unyana kayihlokazi uShalum, uza kuza kuwe, athi: ‘Wuthenge umhlaba wam oseAnatoti. Kaloku nguwe isizalwana segazi esinelungelo lokukhulula loo mhlaba.’

8“Eneneni ke, weza kum apho kuloo yadi yasebhotwe uHanameli unyana kabawokazi, wathi: ‘Khawuwuthenge umhlaba wam oseAnatoti kummandla wakwaBhenjamin. Kaloku nguwe isizalwana segazi esinelungelo lokuwukhulula loo mhlaba uwuthenge.’ “Ndaqonda ke ukuba ngenene nguNdikhoyo lo ubethetha nam.

9Ndawuthenga loo mhlaba kuHanameli, ndayibala imali ngokuyibeka esikalini, ndamnika isiliva ebunzima buziigram ezimakhulu mabini.

10Ndayibhala incwadi yentengiso, ndayisayina, ndayitywina, yangqinwa, ndaza imali ndayikhangela ubunzima bayo esikalini.

11Ndazithatha iincwadi zentengiso, nditsho incwadi etywiniweyo equlethe imiqathango yentengiso kunye nekopi yayo engatywinwanga,

12ndaza ndazinika uBharuki unyana kaNeriya unyana kaMaseya. Ndamnika kukho uHanameli unyana kabawokazi kunye namangqina awayisayinayo incwadi yentengiso, kwakunye namaJuda onke awayekho apho kuloo yadi.

13Ndamyalela uBharuki emehlweni abo bonke, ndathi:

14‘Utsho uNdikhoyo onguSomandla-onke, uThixo kaSirayeli, ukuthi: Thatha ezi ncwadi zentengiso zombini, nditsho etywiniweyo nengatywinwanga, uzifake engqayini, ukuze zigcinakale ixesha elide.

15Kaloku utsho uNdikhoyo uSomandla-onke onguThixo kaSirayeli ukuthi: Ziza kubuya zithengwe izindlu, nemihlaba, kunye nezidiliya kweli lizwe.’ ”

Umthandazo kaJeremiya

16“Ndathi ndakuba ndimnikile uBharuki incwadi yentengiso yomhlaba, ndathandaza ndibhekisa kuNdikhoyo, ndisithi:

© 1996 Bible Society of South Africa.

17‘Aa, Mhlekazi Ndikhoyo, wena wasolula isandla sakho, wawenza umhlaba
nesibhakabhaka ngamandla akho amakhulu! Akukho nanye into
ekunqabelayo wena!

18Wena uwenzela ababele amawaka-waka, uphinde ubuyekeze ubugwenxa
booyise kwizizukulwana, wena Thixo omkhulu onamandla, ogama
linguNdikhoyo uSomandla-onke.

19Hayi ukuphakama kwezicwangciso zakho nokumangalisa kwemisebenzi
yakho, omehlo aqwalasele zonke iindlela zabantu, ukuze ubuyekeze ulowo
nalowo ngokwesimo nezenzo zakhe!

20Wênza imiqondiso eJiputa. Uthe rhoqo ukwenjenjalo unanamhla nalapha
kwaSirayeli naseluntwini luphela, wazenzela igama njengokuba kusenjalo.

21Wabakhupha eJiputa abantu bakho amaSirayeli ngemiqondiso
nemimangaliso ngesandla sakho esomeleleyo nangengalo yakho enamandla,
eyabarhwaqelisayo abantu.

22Wabanika umhlaba ochumileyo ovuza ubisi nobusi owawuthembisa
ookhokho ngesifungo.

23Bakuba bengenile bema kumhlaba owabanika wona, suka bayityeshela
imiyalelo yakho, abakuthobela, abazenza tu izinto owathi maze bazenze.
Yiyo ke loo nto behlelwe leli shwangusha nje.

24“ ‘Khangela, asingqingile esi sixeko amaKaledi, enza iingqumba
zokusihlasela. Siza kunikezelwa esi sixeko ngenxa yekrele, nendlala,
nobhubhani. Ilizwi lakho liyazaliseka njengokuba nawe ubona.

25Kuyo yonke loo nto, wena Mhlekazi Ndikhoyo, uthe kum: “Zithengele
umhlaba ngemali phambi kwala mangqina,” kanye ngoku esi sixeko siza
kunikezelwa esandleni samaKaledi.’ ”

26Lavakala kuJeremiya ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

27“Khangela, mna ndinguNdikhoyo, uThixo woluntu luphela. Akukho nanye
into enokundinqabela.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

28Nditsho ke ngoko mna Ndikhoyo ukuthi: Esi sixeko ndiza kusinikela esandleni samaKaledi nakukumkani waseBhabheli uNebhukadenezare, yena oya kusithimba.

29Aza kusihlasela amaKaledi, asintumeke ngomlilo, sitshe pam kunye nezo zindlu zabantu abandixhokonxa ngokwenzela kuzo isiqhumiso sesithixo uBhali neminikelo ethululwayo isenzelwa thixo bambi.

30AmaSirayeli namaJuda ayesenza ubugwenxa bodwa ukusukela kwasekusekweni kwawo; âhlala endixhokonxa ngemisebenzi yezandla zawo. Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

31Kwasekusekweni kwaso, kude kube ngoku, esi sixeko sandixhokonxa, sandivusela umsindo nengqumbo, kangangokuba kungokunje ndifuna sitshatyalaliswe siphele emehlweni am.

32Ewe, amaSirayeli namaJuda andixhokonxile ngobugwenxa bawo; nditsho wona, ookumkani bawo, iziphathamandla, ababingeleli, abashumayeli, abantu bakwaJuda, nabemi baseJerusalem.

33Bandifulathela nangona ndandiphindelela ukubafundisa; abavumanga ukuphulaphula nokuyamkela ingqeqesho.

34Bade baxabhela nendlu ebizwa ngegama lam ngokuya kumisa kuyo ezo zithixo zabo zinezothe.

35UBhali bamakhele amaqonga kulaa ntili iHinom, apho benzela khona uMoleki amadini ngoonyana neentombi zabo. Andizange ndithi mabenze amanyumnyezi anje; ayizange ifike nokufika kum ingcinga yokuba bangade benze isikizi elinje ukulukuhlela uJuda esonweni.”

Ithemba

36“Nina nithi abantu besi sixeko baza kunikezelwa esandleni sokumkani waseBhabheli ngekrele nendlala nobhubhani. Ukanti nantsi into ethethwa nguNdikhoyo uThixo kaSirayeli ngabo:

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

37‘Ngenene, ndiza kubaqokelela kuzo zonke iindawo endabasarhaza kuzo
ndinomsindo omkhulu nengqumbo engathethekiyo, ndibabuyisele kwakule
ndawo, bahlale bekhuselekile,

38babe ngabantu bam, mna ndibe nguThixo wabo.

39Ndiya kubenza babe mxhelo mnye ekucingeni nasekwenzeni, bandihlonele
maxa onke, ukuze balungelwe bona kunye nezizukulwana.

40Umnqophiso endiza kuwenza nabo ngongasoze utshitshe. Ndohlala
ndibenzela ububele; ndibafake ifuthe lokundihlonela, bangaze babuye
bandishiye.

41Koba luvuyo kum ukubabonelela; ngenene, ndiya kubamilisela kulo mhlaba
ngomxhelo wam wonke.’

42“Utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘Njengoko ndibahlisele esi sihelegu nje aba
bantu, ndiza kubuya ndibanike konke okuhle endabathembisa ngako.

43Iza kubuya ithengwe imihlaba kweli lizwe nithi nina liyinkangala
engenakuhlalwa mntu nasilwanyana kuba linikelwe esandleni samaKaledi.

44Baza kuyithenga ngesiliva abantu imihlaba; iincwadi zentengiso baza
kuzisayina, bazitywine emehlweni amangqina, nditsho kwaBhenjamin,
nakwiilali ezingqonge iJerusalem, nakwiidolophu zeleentaba zakwaJuda,
nakumazantsi eentaba, nakumzantsi-Juda, kuba kaloku baza kubuyela
kundalashe, badle ngendebe endala.’ Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.”

UJeremiya 33

Ukukhululwa ekuthinjweni

1UJeremiya esavalelwe eyadini yabalindi labuya lavakala okwesibini kuye
ilizwi likaNdikhoyo, lisithi:

2“UNdikhoyo owenza ihlabathi walibumba walizinzisa, ogama
linguNdikhoyo, utsho ukuthi:

3‘Khala kum, ndikuphendule, ndikwazise izinto ezinkulu
ezingenakugocagocwa, obukade ungaziqondi,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4-5nditsho izinto ezimalunga nezindlu zesi sixeko nebhotwe lookumkani
bakwaJuda ezadilizwayo, nezimalunga neengqumba zokulwa, namakrele
amaKaledi anihlasele ngawo, aza azalisa ezi zindlu ngezidumbu zabantu
endandizimisele ukubatshabalalisa ngenxa yomsindo wam ovuthayo xa
ndandisifulathele esi sixeko ngenxa yobugwenxa baso obungaka.
Ngokubhekiselele kwezi zinto utsho uNdikhoyo uThixo kaSirayeli ukuthi:

6Ndosinyanga ndisiphilise esi sixeko, ndibathi jize ngoxolo nokhuseleko
abemi baso.

7Abantu bakwaJuda nabakwaSirayeli ndobakhulula ekuthinjweni,
ndibamilisele njengangaphambili.

8Ndobahlambulula ebugwenxeni babo bonke abandone ngabo, ndibaxolele
amatyala abo nokundivukela kwabo.

9Esi sixeko siya kuba ngumthombo wovuyo kum, ibhongo neqhayiya lam
emehlweni eentlanga zonke zehlabathi xa zisiva ngezinto ezintle endizenzela
sona, zitsho zothuke zinkwantye zakubona uxolo nentlala-kahle
exhanyulwayo.'

10"Utsho uNdikhoyo ukuthi: 'Aba bantu bathi le ndawo yinkangala engamiwa
mntu nasilwanyana. Ewe, kunjalo: iidolophu zakwaJuda nezitalato
zaseJerusalem azinabantu, akukho nazilwanyana. Kanti iza kubuya ivakale

11intswahla yemigcobo nemincili, kuvakale izwi lomyeni nelomtshakazi,
kuvakale ingoma yâbo bazisa umnikelo wombulelo endlwini kaNdikhoyo,
besithi: " ' "Makabongwe uSomandla-onke uNdikhoyo ngokuba elungile,
obubele bakhe buhlala buhleli!" " 'Eli lizwe ndiza kulibuyisela kundalashe,
lichume njengangaphambili.' Utsho uNdikhoyo.

12"Utsho uNdikhoyo uSomandla-onke ukuthi: 'Kanye kule ndawo iyinkangala,
ingamiwa mntu nasilwanyana, kuza kuvela amadlelo apho abelusi baya
kwalusela khona impahla, kuvuswe needolophu zayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Ezidolophini kweleentaba, nezakumazantsi eentaba, nakumzantsi-Juda,
kummandla wakwaBhenjamin, nakwiilali ezingqonge iJerusalem,
nakwiidolophu zakwaJuda, kobuya kubalwe imfuyo ngabelusi,' utsho
uNdikhoyo.

14"Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: 'Iyeza imihla yokuba ndisifezekise
isithembiso sam kwisizwe sakwaSirayeli nesakwaJuda.

15" 'Ngaloo mihla, kanye ngelo thuba, ndovelisela uDavide ihlumelo
elinobulungisa. Uya kuliphatha ngokuthe tye nangobulungisa ilizwe lonke.

16Ngaloo mihla abantu bakwaJuda bohlala bengabasindileyo, nabemi
baseJerusalem bohlala bekhuselekile. Igama eya kubizwa ngalo lelithi:
"UNdikhoyo ubulungisa bethu." '

17"Ewe, uNdikhoyo uthi: 'KwaDavide soze inqamke indoda yokulawula
kwaSirayeli.

18NakubaLevi bohlala bekho ababingeleli bokwenza amadini atshiswayo
naweenkozo nemibingelelo. ' "

19Lavakala kuJeremiya ilizwi likaNdikhoyo, lisithi:

20"Utsho uNdikhoyo ukuthi: 'Xa ungatshitshayo umnqophiso wam wemini
nobusuku, kungabikho mini nabusuku ngexesha elimisiweyo,

21ungaphela nomnqophiso wam nesicaka sam uDavide, angabi naye
umzukulwana oya kulawula esikhundleni sakhe, kwangokunjalo
nomnqophiso wam nabaLevi wokuba bahlale bendikhonza.

22Njengokuba zingenakubalwa iinkwenkwezi esibhakabhakeni,
ingenakulinganiswa nentlabathi elunxwemeni lolwandle, ndiya kwenjenjalo
ukusandisa isizukulwana sesicaka sam uDavide nesabaLevi abandikhonzayo.'
"

23Lavakala kuJeremiya ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

24“Ukuvile na okuthethwa ngaba bantu besithi: ‘Izizwe ezibini awazinyulayo
uNdikhoyo uzibukule’? Ngokwenjenjalo banyelisa abantu bam ngokungathi
abaselulo uhlanga emehlweni am.

25Utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘Xa ungatshitshayo umnqophiso wam wemini
nobusuku, khon' ukuze kuphele nemimiselo yam yolungelelwano
esibhakabhakeni nasehlabathini,

26xa kunjalo ndingasibukula isizukulwana sikaYakobi nesikaDavide, isicaka
sam, kungabi sanyulwa mlawuli koonyana bakhe alawule inzala ka-Abraham
noIsake noYakobi. Unakanye! Ndiza kubakhulula ekuthinjweni, ndibabuyisele
kundalashe, ndibathi jize ngemfesane.’ ”

UJeremiya 34

Udaba oluya kuZedekiya

1Ngexesha ukumkani uNebhukadenezare waseBhabheli wayehlasela
iJerusalem kunye needolophu eziyingqongileyo ngomkhosi wakhe wonke,
encediswa zizikumkani zonke ezazingaphantsi kwakhe zezizwe ngezizwe
awayezilawula, wafikelwa ludaba luvela kuNdikhoyo uJeremiya. Lwafika
lusithi:

2“Utsho uNdikhoyo onguThixo kaSirayeli ukuthi: Yiya kuZedekiya ukumkani
wakwaJuda, uthi kuye: ‘Utsho uNdikhoyo ukuthi: Esi sixeko ndiza kusinikela
esandleni sokumkani waseBhabheli, yaye uza kusitshisa sibe luthuthu.

3Nawe akuyi kuphuncula: uza kubanjwa unikezelwe kuye. Uza kumbona
ngamehlo ukumkani waseBhabheli, nithethe ubuso ngobuso, uhambe uye
eBhabheli.’

4“Kambe ke, mhlekazi Zedekiya, kumkani wakwaJuda, live neli lizwi
likaNdikhoyo. Utsho kuwe uNdikhoyo ukuthi: ‘Wena Zedekiya akuyi kufa
ngekrele;

5uza kufa ngoxolo. Nanjengoko abantu babesenza isiqhumiso xa
babengcwaba ooyihlo, nditsho ookumkani bamandulo, ngokunjalo naxa

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

bangcwaba wena baza kwenza isiqhumiso. Nawe baza kukuzilela, bathi: “Mawoo, nkosi!” Uthethile uNdikhoyo. Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.’ ”

6Umshumayeli uJeremiya wawathetha ke onke la mazwi kukumkani uZedekiya wakwaJuda eJerusalem,

7xa kanye umkhosi wokumkani waseBhabheli wawuhlasela eso sixeko kunye nezinye iidolophu ezazisaxhathisile, iLakishe neAzeka, kuphela kwezixeko zakwaJuda ezazinqatyisiwe ezasalayo.

Ukukhohliswa kwamakhoboka

8Lavakala kuJeremiya ilizwi likaNdikhoyo emva kokuba ukumkani uZedekiya wayenze umnqophiso nabantu baseJerusalem wokuba baza kwenza isibhengezo sokuwakhulula

9amakhoboka angamaHebhereangamadoda nabafazi, khon' ukuze kungabikho mntu ungumJuda unekhoboka lomJuda.

10Bavuma bonke abantu kunye neziphathamandla ukuwakhulula onke amakhoboka, bangabi sawakhoboza abo bantu. Bawakhulula ke,

11kodwa kamva babuye barhoxa kwizigqibo zabo, babanyanzela abo bantu ukuba babuyele kwasebukhobokeni.

12Lavakala ke kuJeremiya ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

13“Utsho uNdikhoyo onguThixo kaSirayeli ukuthi: ‘Ndênza umnqophiso kunye nookhokho benu mhla ndabakhupha eJiputa, ndabakhulula ebukhobokeni. Ndathi kubo:

14“Qho ekupheleni kweminyaka esixhenxe kufuneka nikhulule wonke umwenu ongumHebhere ozithengise kuwe ithuba leminyaka emithandathu ekusebenzela.” Kodwa ookhokho benu abazanga bayihoye nokuyihoya loo nto ndayithethayo.

15Kambe nina nizohlwayile, nandikholisa ngokuthi nonke nivume ukuwakhulula ebukhobokeni amawenu, nenza umnqophiso phambi kwam endlwini ebizwa ngegama lam.

© 1996 Bible Society of South Africa.

16Kodwa ngoku nibuye nasityeshela eso sigqibo, nalinyelisa igama lam
ngokubuya nibanyanzele nibenze amakhoboka abantu ebenisele nabakhulula
baye apho bathanda ukuya khona.'

17"Ngoko ke utsho uNdikhoyo ukuthi: 'Anindithobelanga ngokungawakhululi
amawenu. Niyabona ke, ndinivakalisela isibhengezo senkululeko: inkululeko
yokufa ngekrele nendlala nobhubhani. Ndiza kunenza nibe ngumbono
orhwaqelisayo kuzo zonke izizwe zehlabathi. Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

18Amadoda awaphuleyo umnqophiso wam, akayifezekisa imiqathango
yomnqophiso awawenza phambi kwam, ndowafanisa nethole awalahlula
kubini, aza acanda phakathi kwaloo macala alo.

19Iziphathamandla zakwaJuda naseJerusalem kunye namaphakathi,
ababingeleli kunye nabo bonke abantu beli lizwe abacande phakathi
kwamacala ethole elahlulwe kubini,

20ndiza kubanikezela esandleni seentshaba zabo ezizungula ubomi babo,
izidumbu zabo zibe kukutya kweentaka namarhamncwa.

21" 'Naye ukumkani uZedekiya wakwaJuda, kunye neziphathamandla zakhe,
ndiza kubanikela esandleni seentshaba zabo ezizungula ubomi babo, nditsho
umkhosi wokumkani waseBhabheli orhoxileyo ekumhlaseleni.

22Ndiza kunika umyalelo ndiwubuyisele kwesi sixeko, usihlasele, usithimbe,
usitshise. Ezi dolophu zakwaJuda ndiza kuzitsho zibe yinkangala apho
kungekho bani unokuhlala.' Lowo ngumlomo kaNdikhoyo."

UJeremiya 35

UJeremiya namaRekabhi

1Ngexesha ukumkani uJoyakim unyana kaYosiya wayengukumkani kwaJuda
lavakala ilizwi likaNdikhoyo kuJeremiya,

2lisithi: "Yiya kumaRekabhi, uthethe nawo, uwamemele kwigumbi elibucala
endlwini kaNdikhoyo, uwanike iwayini asele."

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

3Ndaya kubiza uYazaniya unyana kaJeremiya unyana kaHabhaziniya,
nabantakwabo noonyana bakhe bonke. Ndawumema wonke umzi
wamaRekabhi.

4Ndabangenisa endlwini kaNdikhoyo, kwigumbi leento zikaHanam
owayezalwa ngumfo wakwaThixo uIgedaliya. Elo gumbi lalimelene negumbi
leziphathamandla, lona eli lingasentla kwelikaMaseya unyana kaShalum
owayengumgcini-masango.

5Ndabeka iibhekile neendebe ezinewayini ngaphambi kwabo, ndathi:
“Khanibambe, madoda!”

6Athi loo madoda: “Hayi, asiyiseli iwayini! Kaloku ubawo omkhulu
uYonadabhi, unyana kaRekabhi, wathi: ‘Ze ningaze niyisele iwayini, nina
nezizukulwana, nditsho nanini na.

7Ngaphezu koko ze ningaze nakhe izindlu, nihlwayele imbewu, nityale
izidiliya. Ze ningabi nazo konke-konke ezi zinto, koko nihlale ezintenteni
bonke ubomi benu. Ukuba nithe nenjenjalo niya kuma ithuba elide kulo
mhlaba eniphambukele kuwo.’

8Siwuthobele ke wonke umyalelo kabawo omkhulu uYonadabhi unyana
kaRekabhi. Thina, nabafazi bethu, noonyana neentombi zethu, asizanga
sayisela iwayini ebomini,

9singazanga sakha zindlu zakuhlala, salima masimi nazidiliya.

10Sasoloko sihlala ezintenteni ngokuthobela umyalelo esawunikwa ngubawo-
mkhulu uYonadabhi.

11Kuthe ke xa ukumkani uNabhukadenezare ehlasela eli lizwe, thina sathi:
‘Masiye kungena eJerusalem, sisabe imikhosi yamaKaledi nama-Aram. ’ Yiyo
loo nto sisahleli apha eJerusalem.”

12Libuye lavakala kuJeremiya ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

13“Utsho uSomandla-onke onguThixo kaSirayeli ukuthi: Yiya kubantu
bakwaJuda nabemi baseJerusalem uthi: ‘UNdikhoyo uthi: Yini na ukuba

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ningavumi ukuqeqeshwa niwathobele amazwi am? Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

14UYonadabhi unyana kaRekabhi wayalela oonyana bakhe ukuba bangaseli iwayini, myalelo lowo bawugcinileyo. Unanamhla ke abayiseli iwayini, kuba bethobela umyalelo wookhokho babo. Kodwa mna ndiphindelele ukuthetha nani, kodwa anandithobela.

15Ndithe rhoqo ukunithumela zonke izicaka zam abashumayeli. Babesithi: “Guqukani ezindleleni zenu ezigwenxa, nilungise ihambo yenu. Musani ukulandela abanye oothixo nibanqule. Xa nisenjenjalo niya kuma kulo mhlaba ndawunika ookhokho benu.” Kodwa nina nisuke anahoya, anandithobela.

16Isizukulwana sikaYonadabhi unyana kaRekabhi sona sawuthobela umyalelo wokhokho waso, kodwa nina, luhlangandini, anivumi ukundithobela!

17“ ‘Ngoko ke mna Ndikhoyo, uThixo onamandla onke, uThixo kaSirayeli, nditsho ukuthi: “Niyabona, uJuda nabo bonke abemi baseJerusalem ndibazisela yonke intlekele endabasongela ngayo. Ndabathethisa, kodwa àbandiphulaphula; ndabakhalimela, kodwa abasabela.” ’ ”

18UJeremiya ke wabhekisa kumaRekabhi, wathi: “Utsho uNdikhoyo uSomandla-onke, onguThixo kaSirayeli, ukuthi: Nina namthobela uyihlo-mkhulu uYonadabhi, nawugcina umthetho wakhe, nayenza yonke imiyalelo yakhe.

19Ngoko ke mna Ndikhoyo onguSomandla-onke uThixo kaSirayeli ndithi: ‘UYonadabhi unyana kaRekabhi akayi kuze aswele ndoda yakundikhonza.’ ”

UJeremiya 36

UBharuki ufundela abantu incwadi kaJeremiya

1Ngonyaka wesine uJoyakim unyana kaYosiya engukumkani wakwaJuda lavakala ilizwi likaNdikhoyo kuJeremiya

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

2lisithi: “Thatha incwadi esongwayo, ubhale onke amazwi endawathethayo
kuwe ngokubhekiselele kuSirayeli noJuda kunye nezinye iintlanga, ukususela
mhla ndaqala ukuthetha nawe kusalawula uYosiya, kude kuze kuthi gaa
ngoku.

3Mhlawumbi bangaguquka kule mikhwa mibi yabo abantu bakwaJuda xa
besiva ngentlekele endizimisele ukubazisela yona, nam ke ndibaxolele
izikreqo nezono zabo.”

4UJeremiya wabiza uBharuki unyana kaNeriya, wambizela onke amazwi
kaNdikhoyo awathethe kuye, yena uBharuki wawabhala encwadini apho.

5UJeremiya waxelela uBharuki wathi: “Ndithintelwe; andinakuya endlwini
kaNdikhoyo.

6Ke mayibe nguwe oyayo endlwini kaNdikhoyo ngomhla wenzila, ufike
ufundele abantu amazwi kaNdikhoyo lawo uwabhale ubizelwa ndim. Fundela
bonke abantu bakwaJuda abafika bevela kwiidolophu ngeedolophu.

7Mhlawumbi ukubongoza kwaba bantu kungavakala kuNdikhoyo, baguquke
nakwimikhwa yabo emibi, kuba ubasongele enengqumbo nomsindo omkhulu
aba bantu uNdikhoyo.”

8UBharuki unyana kaNeriya wenze njengoko wayalelwa ngumshumayeli
uJeremiya, wabafundela abantu apho endlwini kaNdikhoyo loo mazwi
ayebhalwe kuloo ncwadi.

9Ngenyanga yethoba, kunyaka wesihlanu uJoyakim engukumkani
wakwaJuda, kwabhengezwa umhla wenzila kubo bonke abantu
baseJerusalem kwanâbo babevela kwiidolophu zakwaJuda. Injongo
yayiyeyokuba bazisole phambi koNdikhoyo.

10UBharuki esendlwini kaNdikhoyo, emi egumbini likaGemariya unyana
kanobhala uShafan elalikwiyadi engentla kwiSango eLitsha lendlu
kaNdikhoyo, wabafundela encwadini abantu amazwi kaJeremiya.

Iziphathamandla ziyayifundelwa incwadi

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11Wasuka uMikaya, ozalwa nguGemariya unyana kaShafan, akuba ewavile amazwi kaNdikhoyo asencwadini,

12waya kwigumbi likanobhala ebhotwe apho kwakuhleli khona ezi ziphathamandla: unobhala uElishama, uDelaya unyana kaShemaya, noElinatan unyana ka-Akebhore, kunye noGemariya unyana kaShafan, noZedekiya unyana kaHananiya, nezinye iindwalutho zonke.

13Akuba uMikaya ebaxelele konke akuve kufundelwa abantu nguBharuki encwadini,

14ezo ziphathamandla zathuma uYehudi, unyana kaNetaniya ozalwa nguShelemiya unyana kaKushi, ukuba axelele uBharuki athi: “Yiza apha naloo ncwadi uyifundela abantu!” Waya kubo ke uBharuki unyana kaNeriya, eyiphethe loo ncwadi.

15Bathi kuye: “Khawuhlale phantsi usifundele.” Wahlala phantsi ke, wabafundela.

16Akuba loo madoda ewavile onke loo mazwi, othuka, aza abhekisa kuBharuki athi: “Ngenene, la mazwi makaxelwe kukumkani.”

17Babuza ke kuBharuki bathi: “Khawutsho, uyithatha phi yonke le ntu uyibhalileyo? Ngaba uyibhale uyibizelwa nguJeremiya?”

18Wathi kubo uBharuki: “Ewe, aphuma emlonyeni kaJeremiya onke la mazwi, ndaza ke mna ndawabhala encwadini ngeinki.”

19Ezo ziphathamandla zathi kuBharuki: “Wena noJeremiya sabani niye kuzifihla, kungabikho bani waziyo apho nikhona.”

Ukumkani uyayitshisa incwadi

20Ezo ziphathamandla zayithatha loo ncwadi, zayibeka egumbini likaElishama unobhala, zaya kukumkani enkundleni, zamxelela konke.

21Wathi ukumkani uYehudi makaye kuyilanda loo ncwadi. Waya kuyilanda ke egumbini likaElishama unobhala, wafika wayifundela ukumkani kunye neziphathamandla ezo ezazimngqongile.

© 1996 Bible Society of South Africa.

22Kwakusebusika ngenyanga yethoba, ukumkani esegumbini lasebusika
lebhothwe, esotha imbhawula.

23Wayethi akuba efunde imihlathi emithathu okanye emine uYehudi,
ayikrazule ngemela yombhali ukumkani loo mihlathi, ayiphose emlilweni.
Wenza loo nto yada yaphela yonke loo ncwadi.

24Ukumkani namaphakathi akhe ababonakalisanga kothuka nakuzohlwaya
bakuba bewavile la mazwi.

25Nakuba wayebongozwa ngooElinatan noDelaya noGemariya ukuba
angayitshisi loo ncwadi ukumkani, akabaphulaphulanga.

26Wasuka wathi ukumkani kuJerameli unyana wakhe, noSeriya unyana ka-
Azeriyeli, kunye noShelemiya unyana ka-Abhedeli, mabababambe
ooJeremiya umshumayeli noBharuki unobhala wakhe. Suka yena uNdikhoyo
wabafihla.

UJeremiya ubhala enye incwadi

27Akuba ukumkani eyitshisile incwadi eyabhalwa nguBharuki ebizelwa
nguJeremiya, libuye lavakala ilizwi likaNdikhoyo kuJeremiya, lisithi:

28“Thatha enye incwadi, ubhale kuyo onke loo mazwi awayekulaa ncwadi
yokuqala itshiswe nguJoyakim ukumkani wakwaJuda.

29Uze uthi kuJoyakim ukumkani wakwaJuda: ‘Utsho uNdikhoyo ukuthi:
Wena uyitshisile laa ncwadi, usithi: “Kutheni ukuba ubhale usithi ngenene
ukumkani waseBhabheli uza kulitshabalalisa eli lizwe, atshitshise konke
abantu nempahla?”

30Ke ngoko utsho uNdikhoyo malunga noJoyakim ukumkani wakwaJuda
ukuthi: “Yena akayi kuba namzukulwana uya kulawula esikhundleni
sikaDavide. Isidumbu sakhe siya kulahlwa, sitshe lilanga emini, silale iqabaka
ebusuku.

31Ndiza kumohlwaya, yena nenzala yakhe, namaphakathi akhe, ngenxa
yobugwenxa ababenzileyo. Bona kunye nabemi baseJerusalem nabakwaJuda

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

abandiphulaphulanga; ngoko ke ndiza kubahlisela intlekele ekukade ndibasongela ngayo.” ’ ”

32Wathatha enye incwadi uJeremiya, wayinika unobhala uBharaki unyana kaNeriya. UBharuki wabhala onke loo mazwi wawabizelwa nguJeremiya ayekulaa ncwadi yatshiswa ngukumkani. Kongezwa namanye amazwi amaninzi anjengawo.

UJeremiya 37

Ukubanjwa kukaJeremiya

1UZedekiya unyana kaYosiya wabekwa waba ngukumkani wakwaJuda, emiselwa ngukumkani uNebhukadenezare waseBhabheli. Wangena ezihlangwini zikaKoniya unyana kaJoyakim

2owayengazange awahoye, yena namaphakathi akhe, nabantu belizwe, amazwi kaNdikhoyo awayeshunyayelwa ngumshumayeli uJeremiya.

3Ke yena uZedekiya wathumela uYukali unyana kaShelemiya, ekunye nombingeleli uZefaniya unyana kaMaseya, ukuba baye kumshumayeli uJeremiya, bafike bathi: “Khawusithandazele kuNdikhoyo uThixo wethu.”

4Ngelo xesha wayesakhululekile uJeremiya, esenokuhamba-hamba phakathi kwabantu, kuba wayengekavalelwa entolongweni.

5Umkhosi wokumkani waseJiputa wawuselundulukile, aza amaKalediawayengqinge iJerusalem, akuziva ezo ndaba, arhoxa.

6Lavakala ilizwi likaNdikhoyo kumshumayeli uJeremiya, lisithi:

7“Utsho uNdikhoyo uThixo kaSirayeli ukuthi: ‘Mxeleleni ukumkani wakwaJuda obenithume kum nithi ndithi: Nanko umkhosi wokumkani waseJiputa obuze kuncedisana nani ubuyela kwakwelakowawo eJiputa.

8Wona ke amaKaledi aza kubuya aze kuhlasela esi sixeko, asithimbe, asitshabalalise ngomlilo.’

9“Utsho ke uNdikhoyo ukuthi: ‘Nize ningazikhohlisi nibe amaKaledi aza kuniyeka. Unakanye ukuba aniyeke!

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Ndithi nokuba beningade niwubhuqe wonke umkhosi wamaKaledi onihlaselayo, kusale nje iingxwelerha ezintenteni, zona kanye beziya kuvuka zisitshabalalise ngomlilo esi sixeko.' "

11Wakuba urhoxile eJerusalem umkhosi wamaKaledi emva kokuva iindaba ngomkhosi waseJiputa,

12uJeremiya wanduluka kweso sixeko, esinga kummandla wakwaBhenjamin, esiya kuthatha isabelo sakhe kubantu balapho.

13Uthe akufika kwisango leJerusalem ekuthiwa lelakwaBhenjamin, umshumayeli uJeremiya wabanjwa nguIriya, unyana kaShelemiya owayezalwa nguHananiya, owayeyintloko yabalindi, wathi: "Ubhacela kumaKaledi!"

14UJeremiya uthe: "Hayi, uyaxoka! Andibhaceli kumaKaledi." UIriya akazange afune nokuva oku, usuke wambamba, wamsa kwiziphathamandla.

15Zona zacaphuka, zathi makakatswe, avalelwe entolongweni endlwini kaJonatan unobhala, eyayenziwe intolongo.

16Wavalelwa uJeremiya esiseleni esinamagunjana, apho wahlala khona ithuba elide.

17Emva koko ukumkani uZedekiya wathi makasiwe kuye ebhotwe, apho wambuza khona ngasese esithi: "Ngaba unalizwi livela kuNdikhoyo?" Waphendula wathi uJeremiya: "Ewe, ndinalo. Wena uza kunikezelwa esandleni sokumkani waseBhabheli."

18Uqokele wathi uJeremiya, ebhekisa kukumkani uZedekiya: "Ndone ngantoni na kuwe, okanye kumaphakathi nakubantu bakho, sendibona ndifakwe entolongweni nje?

19Baphi ngoku abo bashumayeli benu babesithi: 'Ukumkani waseBhabheli akayi kunihlasela nina neli lizwe'?

20Ndinesicelo, mhlekazi omhle! Ndicela ukuba ndingabuye ndisiwe kulaa ndlu kanobhala uJonatan, hleze ndifele khona!"

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21Wayalela ke ukumkani uZedekiya ukuba uJeremiya makagcinwe
enkundleni yabalindi, anikwe iqhekeza lesonka kude kuphele ukutya
esixekweni. Kwaba njalo ke ukuhlala kukaJeremiya kwinkundla yabalindi.

UJeremiya 38

UJeremiya uphoswa emhadini

1UJeremiya waviwa nguShefatiya unyana kaMatan, noGedaliya unyana
kaPashure, noYukali unyana kaShelemiya, bekunye noPashure kaMalkiya, xa
wayebhekisa kubantu jikelele esithi:

2“Utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘Umntu oya kusala kwesi sixeko uza kufa
ngekrele, yindlala, nangubhubhani, kanti ke lowo uzinikezelayo
kumaKaledi uya kusinda, aphile.’

3Kaloku utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘Esi sixeko siza kunikezelwa esandleni
somkhosi wokumkani waseBhabheli oza kusithimba.’ ”

4Emva koko iziphathamandla ezo zathi kukumkani: “Lo mfo makafe, kuba
utyhafisa amajoni ashiyekileyo apha esixekweni, kwakunye nabantu bonke,
ngezi zinto azithethayo. Akabanqweneleli buhle abantu; ubanqwenelela
ububi.”

5“Usezandleni zenu; mna kumkani andinakuphikisana nani,” waphendula
ngelitshoyo ukumkani uZedekiya.

6Bamthatha ke uJeremiya, baya kumfaka emhadini owawusenkundleni
yabalindi kwaMalekiya unyana kakumkani. Bamthoba ngentambo ukumsa
ezantsi kuloo mhadi owawungenamanzi, iludaka lodwa. Watshona kwelo
daka ke uJeremiya.

7Zaya kufika kwigosa lasebhotwe uEbhedi-meleki, owayengumKushe, ezo
ndaba zokuba uJeremiya weyehliselwe emhadini. Kwathi ukumkani esahleli
ngakwiSango lakwaBhenjamin,

8uEbhedi-meleki waya apho kuye evela ebhotwe, wafika wathi:

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9“Noko, mhlekazi, imbi yonke le nto yenziwe ngala madoda kumshumayeli
uJeremiya, ukweyelisela umntu emhadini apho aya kulamba afele khona xa
kungasekho kutya esixekweni.”

10Ukumkani wathi kumKushe uEbhedi-meleki: “Thatha amashumi amathathu
amadoda, uye kunyula umshumayeli uJeremiya kuloo mhadi, engekafeli
apho.”

11Wanduluka ke naloo madoda uEbhedi-meleki, waya nawo kwigumbi
elalisebhotwe ngaphantsi kwendlu enguvimba wasebhotwe. Wathatha
amadlavu apho, wawathobela emhadini kuJeremiya, ebotshwe ngentambo.

12Ke uEbhedi-meleki umKushe wathi kuJeremiya: “Faka la madlavu
emakhwapheni, ukuze ungatyatyulwa ziintambo.” enjenjalo ke uJeremiya,

13baza bona bamrhola emhadini ngezo ntambo. UJeremiya wahlala
enkundleni yabalindi.

Incoko kakumkani noJeremiya

14Emva koko ukumkani uZedekiya wathi makaye kubizwa umshumayeli
uJeremiya, asiwe kumnyango wesithathu wendlu kaNdikhoyo. Uthe akufika
uJeremiya, ukumkani wathi: “Ndifuna ukukubuza into; uze ungandifihleli.”

15UJeremiya yena uthe kuZedekiya: “Ukuba ndikuxelele akuyi kundibulala
kodwa? Ukanti nokuba ndingakucebisa, soze undiphulaphule.”

16Ukumkani uZedekiya wafunga ngasese enoJeremiya, wenjenje: “Ekho nje
uNdikhoyo, kanye lo usinika ubomi, andiyi kukubulala, ndingayi kukunikela
esandleni sâbo bazungula ubomi bakho.”

17UJeremiya ke ubhekise kukumkani uZedekiya wenjenje: “Utsho uNdikhoyo
uThixo onamandla onke onguThixo kaSirayeli ukuthi: ‘Ukuba uyaphuma
ngoku uzinikezele kubaphathi-mkhosi bokumkani waseBhabheli, ubomi
bakho buya kusinda, nesi sixeko singàtshatyalaliswa ngomlilo, usinde kunye
nentsapho yakho.

© 1996 Bible Society of South Africa.

18Kodwa ukuba uyala ukunizikezela kubaphathi-mkhosi bokumkani waseBhabheli, esi sixeko siya kunikezelwa esandleni samaKaledi, asitshise siphele, nawe ungasindi kuwo.' "

19Uphendule ngelithi ukumkani uZedekiya: "Ndoyika amaJuda aselezinikezele kumaKaledi, hleze nam ndinikezelwe kuwo ngamaKaledi, aze wona andiphathe gadalala."

20Uthe uJeremiya: "Akayi kukunikezela. Thobela uNdikhoyo wena ngokwenza le nto ndikuxelela yona, xa ufuna ukulungelwa, usindise nobomi bakho.

21Kodwa ke ukuba uyala ukuzinikezela, uNdikhoyo undityhilele ukuba

22bonke abafazi abasesebhotwe lokumkani wakwaJuda baya kusiwa kumaphakathi okumkani waseBhabheli. Abo bafazi bothi kuwe: " 'Bakulukuhle weyela abo gxa bakho bebhongo. Ngoku inkal' ixing' etyeni – bakushiye kwesinomhlwa.'

23"Bonke abafazi bakho nabantwana bakho baya kusiwa kumaKaledi. Wena akuyi kuphuncula esandleni sawo: uya kubanjwa ngukumkani waseBhabheli, nesi sixeko sitshatyalaliswe ngomlilo."

24Emva koko uthe ukumkani uZedekiya kuJeremiya: "Uze ungayithethi mntwini le ncoko yethu, ukuba akufuni kufa.

25Kodwa ke xa zithe iziphathamandla zeva ukuba bekhe sadibana, zize ke zithi kuwe: 'Sixelele, ubusithini kukumkani, waza yena wathini kuwe? Ukuba uthethe konke, asiyi kukubulala,'

26uze uthi: 'Bendiye kucenga ukumkani ukuba angandibuyiseli kulaa ndlu kaJonatan, kuba ndoyika ukufela khona.' "

27Zaya kuJeremiya zonke iziphathamandla, zafika zambuza ngencoko yakhe nokumkani. Wazixelela konke athe ukumkani aze azixelele kona. Azibanga nakumphikisa kuba yayingavelwanga bani incoko yakhe nokumkani.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[28]Wahlala apho uJeremiya kuloo nkundla yabalindi kwada kwafika umhla wokuthinjwa kweJerusalem.

Ukuwa kweJerusalem

Ukuthinjwa kweJerusalem kwahamba ngolu hlobo:

UJeremiya 39

[1]Ngenyanga yeshumi kunyaka wethoba ukumkani uZedekiya elawula kwaJuda, ukumkani uNebhukadenezare waseBhabheli nomkhosi wakhe uphela, waya kungqinga isixeko saseJerusalem.

[2]Kwathi ngomhla wethoba ngenyanga yesine kunyaka weshumi linanye uZedekiya engukumkani agqobhoza angena kweso sixeko amaKaledi.

[3]Zesuka zonke iziphathamandla zekumkani yaseBhabheli zaya kutsho ngakwiSango eliseMbindini, zafika zee nqwadalala ezihlalweni apho; yayingooNerigale-sharezere, noSamagare-nebho, noSarsekim umphathi oyintloko, nomnye uNerigale-sharezere owayeyingqwayi-ngqwayi yomkhosi, kunye nezinye iindwalutho zokumkani waseBhabheli.

[4]Bathe bakuzibona ezi ziphathamandla ooZedekiya ukumkani wakwaJuda ekunye nomkhosi wakhe wonke, basaba; bemka ngobusuku esixekweni ngendlela edlula ngasesitiyeni sikakumkani, baphuma ngesango eliphahlwe ziindonga, babalekela entilini yeJordan.

[5]Umkhosi wamaKaledi wabasukela wamfumana uZedekiya kuloo mathafa aseJeriko. Amthatha amsa kukumkani uNebhukadenezare waseBhabheli owayeseRibhela ezweni laseHamati. Lathethwa apho ityala likaZedekiya, waza wagwetywa.

[6]Ukumkani waseBhabheli wababulala apho eRibhela oonyana bakaZedekiya ejongile, ngokunjalo wazibulala neendwalutho zonke zakwaJuda.

[7]Wamtyhaphaza amehlo uZedekiya, wamfaka amakhamandela enziwe ngobhedu, ukuze asiwe eBhabheli.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Ibhotwe lokumkani, nezindlu zabantu, zatshiswa ngomlilo ngamaKaledi,
adiliza neendonga zeJerusalem.

9Umphathi wabalindi bekumkani, uNebhuzaradan, wabaqhubela eBhabheli
ekuthinjweni abantu abasala esixekweni, bekunye nabo babezinikezele,
nabanye abantu abaseleyo.

10Kodwa inxalenye yabantu ababengamahlwempu angenanto tu, wabashiya
ezweni lakwaJuda umphathi uNebhuzaradan, wababela amasimi nezidiliya.

11Mayela noJeremiya ukumkani uNebhukadenezare wayalela umphathi-
balindi bakomkhulu uNebhuzaradan wathi:

12"Mthathe uJeremiya, umphathe kakuhle, ungamenzakalisi, umenzele loo
nto ayifunayo."

13Ngoko ke umphathi-balindi uNebhuzaradan ekunye noNebhushazibhan
umphathi oyintloko, nengqwayi-ngqwayi yomkhosi uNerigale-sharezere,
bekunye nezinye iindwalutho zokumkani waseBhabheli,

14bathi makuye kukhutshwa uJeremiya kulaa nkundla yabalindi wayehlala
kuyo. Bamnikezela kuGedaliya unyana ka-Ahikam unyana kaShafan ukuba
amgoduse. Wasala wahlala phakathi kwabantu bakowabo ke uJeremiya.

15Ngexesha uJeremiya wayevaleleke enkundleni yabalindi lavakala kuye
ilizwi likaNdikhoyo, lisithi:

16"Yiya kuxelela uEbhedi-meleki umKushe uthi: 'Utsho uNdikhoyo
uSomandla-onke, uThixo kaSirayeli, ukuthi: Amazwi am mayela nesi sixeko
ndiya kuwazalisekisa ngokusihlisela intlekele, ingabi kokulungileyo. Loo nto
iza kuhla uyijongile, lakufika ixesha.

17Kodwa wena ndokuhlangula ngaloo mini. Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.
Wena akuyi kunikezelwa esandleni saloo madoda uwaxhaleleyo.

18Inene, ndiza kukuhlangula, ungawi likrele, businde ubomi bakho, kuba
ubuthembele ngam wena. Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.' "

UJeremiya 40

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Ukukhululwa kukaJeremiya

1Lavakala ilizwi likaNdikhoyo kuJeremiya, akuba ekhululwe nguNebhuzaradan umphathi-balindi bakomkhulu, eRama. UNebhuzaradan wafika uJeremiya ekhonkxiwe ephakathi kwabathinjwa baseJerusalem nakwaJuda, ababesisiwa ekuthinjweni eBhabheli.

2Akufika kuJeremiya umphathi-balindi wathi: “ NguNdikhoyo uThixo wenu ocwangcise le ntlekele inihleleyo kule ndawo.

3Uyenzile ke uNdikhoyo loo nto njengokuba wayetshilo. Nifikelwe yile nto ngenxa yokuba nimonile uNdikhoyo anamphulaphula.

4Uyabona, namhlanje ndiza kukukhulula kula matyathanga ubotshwe izandla ngawo. Ungaya nam eBhabhehli ukuba uyafuna; ndokulungiselela. Phofu ungasala uhlale apha ukuba akufuni, okanye ungaya naphi na apho uthanda khona kweli lizwe.”

5Kambe ke engekahambi uJeremiya uNebhuzaradan uqokele wenjenje: “Ungabuyela kuGedaliya unyana ka-Ahikam ozalwa nguShafan, omiselwe ukuba alawule iidolophu zakwaJuda ngukumkani waseBhabheli. Ungahlala naye phakathi kwamawenu, okanye uye naphi na apho uthanda khona.” Watsho emnika umphako loo mphathi-balindi kwakunye nesipho, wamndulula uJeremiya.

6Wesuka apho uJeremiya, waya kuGedaliya unyana ka-Ahikam owayeseMizpa, wafika wahlala naye phakathi kwabantu ababesele kwelo lizwe.

UGedaliya ulawula kwaJuda

(2 Kum 25:22-24)

7Ukumkani waseBhabheli wamisela uGedaliya unyana ka-Ahikam ukuba abe ngumphathiswa welizwe elo, abe phantsi kwakhe loo madoda nabafazi nabantwana kwabo bahlelelekileyo ababengafuduswanga basiwa eBhabheli. Ke abaphathi bamabutho ababesemaphandleni benamadoda awo, bakukuva oku,

© 1996 Bible Society of South Africa.

8basuka baya eMizpa apho kuGedaliya. Babekhokelwe ngooIshmayeli unyana
kaNetaniya, uYohanan noJonatan oonyana bakaKareya, kunye noSeraya
unyana kaTanumeti, bekunye noonyana bakaEfayi wakwaNetofa, kunye
noYaziya umfo waseMahaka, nabalandeli babo.

9Wafunga uGedaliya, unyana ka-Ahikam, umzukulwana kaShafan, wathi
kubo nabalandeli babo: “Ze ningoyiki ukuwakhonza amaKaledi. Hlalani apha
kweli lizwe, nithobele ukumkani waseBhabheli. Xa nenjenjalo niya
kulungelwa.

10Mna ke ndiza kuhlala eMizpa, ndibe ngummeli wenu kumaKaledi
asihambelayo. Yiyani kuqokelela iwayini, neziqhamo zasehlotyeni, neoyile
yeminquma, nifake koovimba, nihlale kwezo dolophu nizithathileyo.”

11Athi amaJuda awayekwaMowabhi, nawayekwa-Amon, nakwaEdom,
nakuwo onke amanye amazwe, akuva ukuba ukumkani waseBhabheli
washiya igcudwana kwaJuda, waza wamisa uGedaliya unyana ka-Ahikam
ozalwa nguShafan ukuba abe ngumphathiswa,

12asuka onke, abuyela kwelakwaJuda, aya kuGedaliya eMizpa. Ayesuka
kumazwe ngamazwe awayethe saa kuwo. Aqokelela intaphane yewayini
neziqhamo zasehlotyeni.

Ukugwintwa kukaGedaliya
(2 Kum 25:25-26)

13Kwafika uYohanan unyana kaKareya kuGedaliya eMizpa, ehamba nabanye
abaphathi bamabutho awayesemaphandleni,

14bathi kuye: “Akuvanga na ukuba uBhahalisi ukumkani wama-Amon
uthumele uIshmayeli unyana kaNetaniya ukuba akugwinte?” UGedaliya yena
unyana ka-Ahikam akazange abakholelwe.

15Emva koko uYohanan unyana kaKareya waya kuGedaliya ngasese apho
eMizpa, wathi: “Ndivumele ndiye kubulala uIshamyeli unyana kaNetaniya;
akukho mntu uya kuyazi loo nto. Makangayekwa akubulale, aze la maJuda
aqokeleleke apha phantsi kwakho athi saa, atshabalale amasalela akwaJuda.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16UGedaliya waphendula uYohanan ngelithi: “Uze ungakhe uyenze into enjalo! Bubuxoki le nto wena uyithethayo ngoIshmayeli.”

UJeremiya 41

1Kwathi ngenyanga yesixhenxe uIshmayeli unyana kaNetaniya unyana kaElishama, owayengumntwana wegazi ekwayingqwayi-ngqwayi kakumkani, waya eMizpa kuGedaliya unyana ka-Ahikam, ehamba neshumi lamadoda, baza batya kunye. Kwathi ke besahleli etafileni apho

2suka uIshmayeli unyana kaNetaniya kunye nelo shumi lamadoda ayehamba naye baphakama bamxabela ngekrele uGedaliya, unyana ka-Ahikam ongumzukulwana kaShafan. Ngeso senzo bamgwinta owayengumphathiswa welo lizwe omiselwe ngukumkani waseBhabheli.

3Bawabulala namanye amaJuda onke awayeseMizpa kunye noGedaliya, kwakunye namajoni angamaKaledi awayelapho.

4Ngomhla wesibini olandela ukugwintwa kukaGedaliya, ingekaziwa loo nto,

5kwafika amashumi asibhozo amadoda, evela eShekem naseShilo naseSamariya. Ayezichebile iindevu, ezikrazule izambatho, imizimba eyicentile. Ayephethe iminikelo yeenkozo kunye nentlaka yesiqhumiso, ezizisa endlwini kaNdikhoyo.

6UIshmayeli unyana kaNetaniya wasuka eMizpa, wawahlangabeza ehamba elila. Ufikile kubo, wathi: “Yizani kuGedaliya unyana ka-Ahikam.”

7Kodwa athi nje akuthi cakatha phakathi esixekweni, uIshmayeli nabo babehamba naye bawatyakatya loo madoda, bawaphosa emhadini.

8Ishumi laloo madoda lona lathi kuIshamayeli: “Musa ukusibulala thina; sinokutya esikufihlileyo endle: ingqolowa, neoyile yomnquma, nobusi.” Wawayeka ke lawo amadoda akawabulala njengamanye.

9Umhadi okwaphoswa kuwo izidumbu zamadoda abulawa nguIshmayeli kwakunye nesikaGedaliya wenziwa ngukumkani uAsa xa wayehlaselwa

© 1996 Bible Society of South Africa.

ngukumkani uBhasha wakwaSirayeli. Ke uIshmayeli unyana kaNetaniya wawuzalisa loo mhadi zizidumbu zabagwintiweyo.

10UIshmayeli wathimba bonke abantu abâsaláyo eMizpa, iintombi zokumkani nabanye bonke abasala ngexesha uNebhuzaradan umphathi-balindi bakomkhulu waphathisa uGedaliya unyana ka-Ahikam. Wahamba nabo wawelela kwelaseAmon.

11Kwathi bakuvakala kuYohanan unyana kaKareya kunye nabaphathi-mabutho bonke ababi obenziwe nguIshmayeli unyana kaNetaniya,

12banduluka nawo onke amadoda amabutho abo, baya kuhlasela uIshmayeli. Bamfumana emise ngakwelaa chibi likhulu laseGibheyon.

13Bavuya abantu ababehamba noIshmayeli bakubona uYohanan esiza nabaphathi-mabutho,

14bajika bonke abo babethinjwe nguIshmayeli eMizpa, bangenela kuYohanan unyana kaKareya.

15Waphuncuka kodwa yena uIshmayeli unyana kaNetaniya namadoda asibhozo, baya kutsho kwelama-Amon.

16UJohanan unyana kaKareya, ekunye nabaphathi-mabutho, bajika namasalela abantu abaqweqwediswa nguIshmayeli unyana kaNetaniya owagwinta uGedaliya unyana ka-Ahikam esuka nabo eMizpa. Yayingamadoda axhobileyo, abafazi nabantwana, namagosa asebhotwe awayevela nawo eGibheyon.

17Banduluka bemisa eGerute-kimham ngaseBhetelehem kwindlela yabo esinga eJiputa,

18bephepha amaKaledi. Babesoyika kuba uIshmayeli unyana kaNetaniya wagwinta uGedaliya unyana ka-Ahikam owemiswa ngukumkani waseBhabheli ukuba abe ngumphathiswa welo lizwe.

UJeremiya 42

Abantu bacela uJeremiya ukuba abathandazele

© 1996 Bible Society of South Africa.

1Emva koko bonke abaphathi-mabutho kunye noYohanan unyana kaKareya
bekunye noYazaniya unyana kaHoshaya nabantu bonke, abancinane
nabakhulu, baya
2kumshumayeli uJeremiya, bafika bathi kuye: “Nceda usamkele isicelo sethu
kuwe: Sithandazele kuNdikhoyo uThixo wakho, ucelele onke la masalela,
kuba nawe ngokwakho uyabona ukuba naxa sasibaninzi ngoku sesisele
siliqaqobana.
3Mcele uNdikhoyo uThixo wakho ukuba asityhilele indlela emasihambe
ngayo, nento emasiyenze.”
4Umshumayeli uJeremiya usuke wenjenje ukuthetha nabo: “Ndivile. Ndiza
kunithandazela kuNdikhoyo uThixo wenu, ndaye ndiya kunazisa yonke into
uNdikhoyo aniphendula ngayo; andiyi kunifihlela nto konke.”
5Bathi bona kuJeremiya: “UNdikhoyo aze abe lingqina elithembekileyo
nelinyanisekileyo, achasane nathi xa singayenziyo yonke into uNdikhoyo
uThixo wakho akuthumayo ukuba usixelele.
6Nokuba limnandi, nokuba libi ilizwi likaNdikhoyo uThixo wethu lo
sikuthuma kuye, siya kulithobela, khon' ukuze silungelwe. Ewe, inene, siya
kumthobela uNdikhoyo uThixo wethu.”
7Emva kweentsuku ezilishumi lavakala ilizwi likaNdikhoyo kuJeremiya.
8Wabiza uYohanan unyana kaKareya kunye nabo bonke abaphathi-mabutho
ababenaye, nabantu bonke, abancinci nabakhulu,
9wathi kubo: “UNdikhoyo uThixo kaSirayeli enindithume ukuze
ndisigqithisele kuye isicelo senu, utsho ukuthi:
10‘Ukuba nithe nahlala kulo mhlaba, ndiya kunakha ndinganidilizi;
ndonityala ndinganincothuli, kuba ndiyazisola ngeshwangusha endinihlisele
lona!

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11Ngoko ke musan' ukuba noloyiko ngukumkani waseBhabheli lo nimoyikayo
ngoku. Musan' ukumoyika,' lowo ngumlomo kaNdikhoyo, 'kuba ndinani,
ndiza kunihlangula, nisinde esandleni sakhe.

12Ndiza kusikwa yimfesane nini, naye ukumkani avelane nani, aniyeke
nihlale kulo mhlaba wenu.'

13"Kusenokwenzeka kambe ningamthobeli uNdikhoyo uThixo wenu, nithi:
'Asizi kuhlala apha kweli lizwe thina.

14Siza kuhamba siye kuhlala eJiputa, apho kungekho zimfazwe, kungakhali
zintlaba-mkhosi, kungalanjwayo khona.'

15Ke ngoko nali ilizwi likaNdikhoyo, nina masalela akwaJuda, utsho
uNdikhoyo uThixo onamandla onke kaSirayeli ukuthi: 'Xa nizimisele ukuya
eJiputa, nifike nime apho,

16ewe, ikrele eli niloyikayo lonifikela apho, naloo ndlala niyisabayo iya
kuthana mbende kunye nani naseJiputa – niya kufela apho.

17Bonke abo bazimisele ukuya kuhlala eJiputa baya kufa ngekrele, yindlala,
nangubhubhani; akuyi kusala nokuba mnye usindayo kwelo shwangusha
ndonihlisela lona.'

18Utsho uNdikhoyo onamandla onke, uThixo kaSirayeli, ukuthi: 'Nanjengoko
umsindo wam nengqumbo yam zathululwa phezu kwabemi baseJerusalem,
yokwenjenjalo nani ukunifikela ingqumbo yam xa nixhinele ukuya eJiputa.
Noba zizinto ezisisiqalekiso nezikhwankqisayo, izinto ezisisigculelo
nesingcikivo. Anisobe nibuye niyibone le ndawo kwakhona.'

19"Uthi ke ngoko kuni uNdikhoyo, nina masalela akwaJuda: 'Musani ukuya
eJiputa.' Ke ngoko yiqondeni kakuhle le ndawo; ndiyaniyala namhlanje.

20Nizikhohlisile nabubeka ubomi benu esichengeni ngokuya benisithi:
'Sithandazele kuNdikhoyo uThixo wethu, usixelele konke athi masikwenze,
kuba sokwenza.'

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21Ndinixelele konke ke namhla, kodwa nina animthobeli uNdikhoyo uThixo
wenu kwizinto athe maze ndinixelele zona.

22Ngoko ke yazini ngokuphandle le nto: niza kufa ngekrele, nayindlala,
nangubhubhani, kanye kuloo ndawo nizimisele ukuphambukela kuyo.”

UJeremiya 43

UJeremiya usiwa eJiputa

1Akugqiba uJeremiya ukuwathetha ebantwini bonke amazwi onke
kaNdikhoyo uThixo wabo awamthuma wona uNdikhoyo kubo,

2uAzariya unyana kaHoshaya ekunye noYohanan kaKareya, kunye nawo onke
amanye amadoda anekratshi, bathi kuJeremiya: “Uyaxoka! UNdikhoyo
uThixo wethu akazange akuthume kuthi ukuba uthi: ‘Ze ningayi kuya kuhlala
eJiputa.’

3NguBharuki unyana kaNeriya lo ukuhlohle lo moya mbi, efuna ukuba
sinikezelwe esandleni samaKaledi, aze asibulale, okanye asenze abathinjwa
kwelaseBhabheli.”

4Ke ngoko uYohanan unyana kaKareya, ekunye nabaphathi-mabutho kunye
nabantu bonke bala ukumthobela uNdikhoyo ngokuthi bahlale
kwelakwaJuda.

5Suka yena uYohanan enabaphathi-mabutho waqokelela onke amasalela
akwaJuda, bonke abo babebuyele kwaJuda bevela kumazwe ababethe saa
kuwo,

6ingamadoda nabafazi nabantwana kwakunye neentombi zokumkani, bonke
abaya bantu babeshiywe nguNebhuzaradan umphathi wabalindi bakomkhulu
elugcinweni lukaGedaliya unyana ka-Ahikam umzukulwana kaShafan.
Wayelapho nomshumayeli uJeremiya, ekunye noBharuki unyana kaNeriya.

7Bonke baya kuma eJiputa, besala ukumthobela uNdikhoyo, baya kutsho
eTapanesi.

UJeremiya ushumayeza amasalela akwaJuda eJiputa

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Lavakala kuJeremiya ilizwi likaNdikhoyo eseTapanesi, lisithi:

9“Thatha amatye amakhulu, uwombele, uwadibanise ngodaka emgangathweni wezitena osesangweni lakomkhulu eTapanesi. Oku kufuneka ukwenze emehlweni amaJuda.

10Uze ke uthi kuwo: ‘Utsho uNdikhoyo, uThixo onamandla onke kaSirayeli, ukuthi: Ndiza kubiza isicaka sam ukumkani uNebhukadenezare waseBhabheli, aze afike asimise isihlalo sakhe phezu kwalo mgangatho wamatye uwombeleyo, awagqume ngesigqubuthelo sakhe sobukumkani.

11Uza kuyibetha iJiputa, abulale abo bamelwe kukufa, athimbe abo bafanelwe kukuthinjwa, abatyakatye ngekrele abo bamelwe kukufa ngekrele.

12Izindlu zoothixo bamaJiputa uza kuzintumeka ngomlilo, atshise izindlu zoothixo balapho, amaJiputa awase ekuthinjweni. Wowuphendla umhlaba waseJiputa, aphume apho exolile, njengomalusi ephendla iintwala engubeni yakhe.

13Uya kuzintlekeza iintsika zaseBhete-shemeshe eJiputa, azitshise ngomlilo izindlu zoothixo baseJiputa.’ ”

UJeremiya 44

Ilizwi likaNdikhoyo kumaJuda emi eJiputa

1Lavakala ilizwi kuJeremiya, libhekiswa kuwo amaJuda akwelaseJiputa emi kwimimandla yaseMigidoli, eTapanesi, eNofu, nasezweni lasePatrosi, lisithi:

2“Utsho uNdikhoyo, uThixo onamandla onke kaSirayeli, ukuthi: ‘Niyibonile intlekele endayihlisela iJerusalem kunye needolophu zakwaJuda ziphela. Kunamhlanje-nje zingamabhodlo angahlalwa bani.

3Yonke loo nto yehla ngenxa yenkohlakalo abayenzileyo. Bandixhokonxa ndade ndanomsindo ngokunqula thixo bambi abangabaziyo, bebenzela iziqhumiso. Nini ke kunye nooyihlo abo benjenjalo.

4Ndaphindelela ukunithumela bonke abakhonzi bam abashumayeli, ukuze banibongoze bathi: “Musani ukulenza isikizi endilicekisa kakhulu!”

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Koko abazange bahoye, àbafuna kuphulaphula. Bala ukwahlukana
nemikhwa yabo emibi nokuyeka ukwenzela izithixo iziqhumiso.

6Suka ke mna ndayiphalaza ingqumbo yam nomsindo wam phezu
kweedolophu zakwaJuda nasezitalatweni zaseJerusalem, zaba ngalaa
mabhodlo oyikekayo zingawo namhla oku.'

7"Utsho ke ngoko uNdikhoyo, uThixo onamandla onke kaSirayeli, ukuthi:
'Kutheni nizizisele esi sihelegu kwaJuda sokutshabalalisa amadoda, abafazi,
nabantwana, neemveku, kungasali nampunde?

8Nantso into eza kunihlela nindixhokonxa nje ngokwenzela izithixo
iziqhumiso kweli laseJiputa eningabangeneleli kulo. Niza kuzitshabalalisa
nina ziqu, nibe sisiqalekiso nesigculelo sezizwe ehlabathini.

9Ngaba seniyilibele na inkohlakalo yooyihlo, neyookumkani bakwaJuda,
nabafazi babo, neyenu kunye nabafazi benu, enayenzayo ngokuya
nanisezidolophini zakwaJuda naseJerusalem?

10Unanamhla oku anikabonakalisi kuzisola nokundihlonela. Anikawuthobeli
umthetho nommiselo endawunika nina kunye nooyihlo-mkhulu.'

11"Utsho ke ngoko uNdikhoyo, uThixo onamandla onke kaSirayeli, ukuthi:
'Niyabona, ndizimisele ukunihlisela ishwangusha, ndiwatshabalalise onke
amaJuda.

12Ndiza kuwasusa la masalela akwaJuda azimisele ukuphambukela eJiputa.
Aza kutshabalala apho kuloo Jiputa. Amanye aza kufa ngekrele, amanye
yindlala, nditsho omncinci nomkhulu ngokufanayo. Aza kuba sisiqalekiso,
nesothuso, nezigculelo, nesingcikivo.

13AmaJuda aseJiputa ndiza kuwohlwaya ngesohlwayo esifana
nesabaseJerusalem: indlala, ikrele, nobhubhani.

14Akuyi kubakho usindayo noya kusala kula masalela akwaJuda
aphambukele kwelaseJiputa enethemba lokuba obuyela kwelakwaJuda

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

esaphila. Inene, akukho uya kubuya konke, ngaphandle kwembinana eya kuphuncula.’ ”

Idini loKumkanikazi weZulu

15Emva koko onke amadoda awayesazi ukuba abafazi bawo benzela izithixo iziqhumiso nehlokondiba labafazi elalilapho nababehlala eJiputa nasePatrosi bathi kuJeremiya:

16“Asiyi kuwuphulaphula lo myalelo wakho owuthethe egameni likaNdikhoyo.

17Thina siza kuthi rhoqo ukuzalisa amadinga ethu, senzele uKumkanikazi weZulu iziqhumiso, simphe neminikelo ethululwayo njengoko sasikade sisenza thina nookhokho bethu nookumkani neziphathamandla zethu sisahlala kwiidolophu zakwaJuda naseJerusalem. Ngoko sasidla ngokuba nokutya kakhulu, sisanela, kungazange kwabakho shwangusha lakha lasithi cha.

18Kodwa oko sathi sahlukana nokwenzela uKumkanikazi weZulu iziqhumiso, sayeka nokumpha iziselo, sathiwa nca yindlala, sada sagqibela ngokufa ngekrele naliphango.”

19Baqokela bathi abafazi: “Ngokuya sasidla ngokwenza amaqebengwana anomfanekiso woKumkanikazi weZulu, uba amadoda ethu ayengayazi loo nto? Ayesazi naxa simenzela iminikelo ethululwayo.”

20Wenjenje uJeremiya akuphendulwa ngolu hlobo ngamadoda nabafazi nangabantu bonke:

21“Xa ooyihlo-mkhulu nookumkani neziphathamandla zenu, kunye nomndilili wabantu, babethe rhoqo ukwenza iziqhumiso ezidolophini zakwaJuda naseJerusalem, akazange na uNdikhoyo ayikhumbule loo nto, ayigcine entliziyweni yakhe?

22UNdikhoyo akabanga nako tu ukukunyamezela ukungcola kwezenzo zenu kunye namasikizi eniwenzileyo. Andithi kanene ilizwe lenu laba

© 1996 Bible Society of South Africa.

ngumqwebedu nento eyoyikekayo esisiqalekiso kangangokuba kungahlali bani kulo unanamhla oku?

23Nahlelwa leli shwangusha likhoyo namhlanje ngenxa yokuba nenzela izithixo iziqhumiso, namona uNdikhoyo ngokungamthobeli nokungahambi ngokwemithetho nemimiselo nemigaqo yakhe.”

24Uqokele wathi uJeremiya kubo bonke abantu nâbo bafazi: “Nina maJuda ahlala eJiputa, nali ilizwi likaNdikhoyo.

25Utsho kuni uNdikhoyo uThixo onamandla onke kaSirayeli ukuthi: ‘Nina nabafazi benu nithetha into niyenze. Nithi niza kuthi rhoqo nizalise amadinga enu, nenzele uKumkanikazi weZulu iziqhumiso neminikelo ethululwayo. Qhubani ke niwafezekise loo madinga enu!

26Kodwa ke, nonke nina bantu bakwaJuda abemi apha eJiputa, wuveni umlomo kaNdikhoyo; uthi: Niyabona, ndifunga igama lam elidumileyo, ndithi: Inene, aliyi kuba sabizwa igama lam nangubani na wakwaJuda naphi na apha kwelaseJiputa, esithi: “Ikho nje iNkosi uNdikhoyo!”

27Niyabona, ndithe qwa, ndizimisele ukunizisela ububi, hayi ubuhle. Yaye onke amadoda akwaJuda alapha eJiputa aza kufa ngekrele nayindlala, ade atshabalale onke.

28Ewe, baya kuba mbalwa abasindayo bangafi ngekrele eJiputa, baze babuyele ezweni lakwaJuda. Baya kwandula ke ukuqonda abantu abaseleyo kwabo babeze kuma apha eJiputa ukuba ngaba lelikabani na ilizwi elingayi kuwa phantsi, lelam nokuba lelabo.’

29“Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: ‘Umqondiso endininika wona nguwo lo: Ndiza kunohlwaya apha kule ndawo, ukuze niqonde ukuba aza kwenzeka amazwi endiwathethileyo kuni ndisithi ndonizisela ububi.’

30Utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘Ukumkani uHofra waseJiputa ndiza kumnikela esandleni seentshaba zakhe ezizungula ubomi bakhe, kanye njengoko ndenjenjalo kuZedekiya ukumkani wakwaJuda, xa ndamnikela esandleni

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

sikakumkani uNebhukadenezare waseBhabheli, utshaba olwaluzungula ubomi bakhe.’ ”

UJeremiya 45

Ilizwi likaNdikhoyo kuBharuki

1La ngamazwi omshumayeli uJeremiya awawabhekisa kuBharuki unyana
kaNeriya ngonyaka wesine ukumkani uJoyakim unyana kaYosiya elawula
kwaJuda, xa uJeremiya wayewabizela uBharuki amazwi akhe, yena ewabhala
encwadini. Athi:

2“Utsho uNdikhoyo uThixo kaSirayeli ngokubhekisele kuwe Bharuki, ukuthi:

3Wena wakhala usithi: ‘Hayi umntu endinguye! UNdikhoyo usuke
wongezelela isingqala kwintlungu yam. Ndiqobekile zizincwino; andifumani
kuphumla.’

4“Utsho ke uNdikhoyo kuwe, Bharuki, ukuthi: ‘Oko ndikwakhileyo ndobuya
ndikudilize, ndibuye ndikuncothule noko ndikutyalileyo. Kuya kuba njalo ke
emhlabeni wonke.

5Wena uzifunela izinto ezinkulu; ziyeke, ungabi sazifuna, kuba mna ndiza
kubahlisela ishwangusha bonke abantu.’ Lowo ngumlomo kaNdikhoyo, yena
othi: ‘Nokuba kwenzeka ntoni apho uya khona, akuyi kulahlekelwa bubomi
bakho.’ ”

UJeremiya 46

Udaba malunga neJiputa

1Nanga amazwi kaNdikhoyo awawabhekisa kwiintlanga ngomshumayeli
uJeremiya.

2Udaba oluya eJiputa luphathelele kumkhosi kakumkani uNeko
waseJiputa owemisa eKarkemishe ngakumlambo iEfrati, wona
waswantsuliswa ngukumkani uNebhukadenezare waseBhabheli ngonyaka
wesine ukumkani uJoyakim unyana kaYosiya elawula kwaJuda:

3“Bophani amakhaka amancini namakhulu, nisinge edabini.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Bophani amahashe, nitsho phezulu. Yimani xhonkxosholo, nithwele izigcina-
ntloko. Zikhazimliseni iintshuntshe, nifake isinxibo sentsimbi.

5Nibona ntoni ngoku? Bayankwantya; nâbo behlehla. Ayaswantsuliswa amagorha abo; acela kwabasicatyana; akabheki nangasemva. Lunxunguphalo macala onke, utsho uNdikhoyo.

6Nonamendu akanakuphuncula; negorha alinakusinda. Bafadalele phaya emantla; bawile ngakumlambokazi iEfrati.

7Ngubani lo uvumbuluka ngathi yiNayile, ngathi ngamanzi emilambo adlokovayo?

8Tyhini, yiJiputa le ivumbulukayo ngathi yiNayile! Yiyo engathi ngamanzi emilambo adlokovayo. Ithi: ‘Ndiya kuvumbuluka, ndiwuthi gqume umhlaba, ndikhukhulise izixeko nabemi bazo.’

9Iwuu, maqela amahashe! Phuthumani, madod' akhwel' iinqwelo; phambili, magorhandini! Nditsho nina, maKushe namaPuti, nina baphethe amakhaka; nani, maLudi, nina bafohlele iintolo!

10Lo ngumhla kaNdikhoyo, uThixo onamandla onke. Ngumhla wokuziphindezela kwiintshaba zakhe lo. Liza kudla lihluthe ikrele, lisele lide lidikwe ligazi. Ewe kaloku, iNkosi uNdikhoyo onamandla onke wenzelwa idini kwelasentla ngakumlambo iEfrati.

11“Ntombindini iyiJiputa, yiya eGiliyadi, uye kufuna khona amayeza okubopha. Kudala uwafuna amachiza; alikho eliya kuwanyanga loo manxeba unawo.

12Ihlazo lakho livakele ezizweni; ukukhala kwakho kuligqibile ihlabathi. Igorha likhubeka kwelinye; omabini awa ndawonye.”

13Nali ilizwi likaNdikhoyo awalithetha kumshumayeli uJeremiya malunga nokuhlaselwa kweJiputa nguNebhukadenezare ukumkani waseBhabheli:

14“Bikelani iJiputa, nivakalise eMigidoli, nixele eNofu naseTapanesi. Yithini: ‘Lungela imfazwe uxhobe, kuba ikrele liza kudla kuwe macala onke.’

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15Yini na ukuba amakhalipha akho akhahlelwe phantsi? Akanakuma, kuba
uNdikhoyo uwathe ntlithi, aya kuwa.

16Kukhubeka abaninzi; ewe, omnye uwa phezu komnye, baze bathi:
‘Masiphakame, siye kowethu kwelokuzalwa, simke kwikrele eligwazayo.’

17Apho baya kuvakala besithi: ‘Ukumkani waseJiputa uyarharhama nje;
uliphosile ithuba lakhe.’

18“Ndikho nje ndiyafunga,” nguwo lowo umlomo kaKumkani ogama
linguNdikhoyo onamandla onke. Uthi: “Ukho ozayo, enjengeTabhore
phakathi kweentaba, enjengeKarmele engaselwandle.

19Yilungiseleleni ukuya ekuthinjweni imithwalo yenu, nina bemi baseJiputa,
kuba kaloku iNofu iza kudilizwa, ibe ngamabhodlo angahlalwa bani.

20“IJiputa lithokazi elihle kakhulu; kodwa isibawu esivela ngasentla inene
siyeza!

21Amajoni angabaqeshwa aseJiputa afana neenkunzana ezityebileyo, suka
nawo ajika abaleka, akwema nalinye. Afikelwe yimini yentlekele, ixesha
lokohlwaywa kwawo.

22IJiputa ifutha oku kwenyoka erhubuluzayo, kuba utshaba olunamandla
alufikanga lugalelekile! Luya kunifikela ngamazembe okwamadoda agawula
imithi.

23Luya kuligeca liphele elo hlathi lakho lishinyeneyo.” Lowo ngumlomo
kaNdikhoyo. “Akamaninzi – yinyambalala engenakubalwa oku kweenkumbi.

24Intombi enguJiputa ihlazekile; inikelwe esandleni sesizwe esivela
ngasentla.”

25UNdikhoyo onamandla onke, uThixo kaSirayeli, uthethile wathi: “Ndiza
kumohlwaya uthixo waseNo uAmoni, kunye namaJiputa noothixo bawo,
namatshawe, nokumkani waseJiputa, nabo bonke abathembele kuye.

26Ndiza kubanikezela esandleni salowo uzungula ubomi babo,
uNebhukadenezare ukumkani waseBhabheli namaphakathi akhe. Phofu eli

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

lizwe laseJiputa lobuya limiwe njengakwimihla yamandulo.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

USirayeli uza kusindiswa

27“Uze ungoyiki, wena sicaka sam Yakobi; ungaxhalabi, wena Sirayeli. Uyabona, ndiya kukuhlangula, ndikuphuthume kuloo ndawo ikude apho ungumthinjwa khona, wena nenzala yakho, abuye uYakobi azole, onwabe, angoyikiswa mntu.

28Uze ungoyiki, wena sicaka sam Yakobi.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. “Kaloku mna ndinawe. Ndiza kuziphanzisa zonke iintlanga endikuchitha-chithele kuzo, kodwa andiyi kukuphanzisa wena. Nawe phofu uya kohlwaywa; ndiza kukuqeqesha, phofu ndingabi ngqongqo kuwe.”

UJeremiya 47

Udaba malunga neFilistiya

1Nali ilizwi likaNdikhoyo elavakala kumshumayeli uJeremiya mayela neFilistiya ngaphambi kokuba ukumkani waseJiputa ahlasele iGaza;

2lithi utsho uNdikhoyo ukuthi: “Khangela ukuvumbuluka kwamanzi ngasentla atsho abe ngumdolomba oya kugubungela umhlaba nako konke okukuwo, izixeko nabemi bazo. Abantu baya kukhala, batsho ngesijwili bonke abemi balapha.

3Ngenxa yesingqi sokuphala kweembalasane zamahashe, nokugoqoza kweenqwelo, nokuxokozela kwamavili, ooyise babashiye enyanyeni abantwana, kuba izandla zabo ziwile.

4Kaloku ufikile umhla wokutshatyalaliswa kwawo onke amaFilistiya, nokuphanziswa kwawo onke amasalela anokunceda iTire neSidon. Kaloku uNdikhoyo uza kuyitshabalalisa iFilistiya elisalela lababevela kwisiqithi saseKafetori.

5IGaza iza kucheba izile, iAshkelon yona ikhwankqiswe. Masalelandini asemathafeni, koda kube nini na nizicenta nimbambazela?

© 1996 Bible Society of South Africa.

6“ ‘Hayi bo, krelendini likaNdikhoyo, wopheza nini na? Rhoxa ubuyele esingxotyeni, uphumle uzole.’

7Kambe ke lingathini ukuphumla uNdikhoyo elinike umsebenzi nje eAshkelon nakumathafa angaselwandle? Uthe maliye kutyakatya apho.”

UJeremiya 48

Udaba malunga noMowabhi

1Malunga noMowabhi uNdikhoyo onamandla onke, uThixo kaSirayeli, uthi: “Kunyembelekile! INebho ibhukuqiwe! Yona iKiriyatayim ihlazekile, ithinjiwe; inqaba idiliziwe yahlazeka.

2Luphele nya udumo lwakwaMowabhi. EHeshbhon baceba ububi ngoMowabhi, bathi: ‘Yizani simphanzise, angabi saba luhlanga.’ Nawe Mademena, uza kucinyw' igama; ikrele liza kukusukela.

3Yivani, naso isililo sivela eHoronayim: ‘Lubhukuqo nogonyamelo!’

4UMowabhi ubhukuqiwe! Iimveku zakhe zivakala zikhala.

5Amadoda anyuka induli yaseLuhiti ehamba elila engaphezi. Endleleni ehlayo eya eHoronayim ayambambazela; atsho ngesimbonono ngenxa yobhukuqo lukaMowabhi.

6Balekani nizisindise, oku kweqwarha lasentlango.

7Ngenxa yokuba uthembele ngamandla nobutyebi bakho nawe uza kubanjwa, aze uthixo wakho uKemoshe athinjwe, yena kunye nababingeleli namagosa akhe.

8Umtshabalalisi uza kuzifikela zonke iidolophu, kungasindi nanye. Intili yoba ngumqwebedu, ithafa lona lonakaliswe, njengoko watshoyo uNdikhoyo.

9Lumkisani uMowabhi, nithi uza kudilizwa. Makasabe uMowabhi; makaphume abaleke. Iidolophu zakhe ziza kuba ngamabhodlo, kungabikho mntu uhlala kuzo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10“Uqalekisiwe owenza ngobuvila umsebenzi awuphathiswe nguNdikhoyo.
Uqalekisiwe lowo unqenayo ukuphalaza igazi ngekrele lakhe.

11“Kwamhla-mnene uMowabhi ebehlala onwabile; ebezolile njengewayini
ecwengileyo, ezibi zayo zisezantsi. Ewe, njengewayini engathululwanga
ikhutshelwa kwenye ingqayi, naye akazange asiwe ekuthinjweni. Ngoko ke
usenalaa ncasa yamandulo, nevumba lakhe alizange liguquke.”

12Nguwo ke lo umlomo kaNdikhoyo: “Kuza imihla apho ndiya kuthumela
iinjoli eziya kumthulula. Ziya kuziqwela iibhekile, zizaphule iingqayi.

13UMowabhi uza kuhlazeka ngenxa kaKemoshe kanye njengoSirayeli
owahlazeka ngenxa yokuthembela kwiBhetele.

14“Ningatsho njani ukuthi: ‘Singamagorha; sizizigantsontso zokulwa’?

15Ufikile umtshabalalisi wakwaMowabhi; uza kuzibhukuqa iidolophu zakhe,
awubhubhise edabini owona mlisela mhle womkhosi wakhe,” utsho
uKumkani ogama linguNdikhoyo, uThixo onamandla onke.

16“Intlekele imfikele uMowabhi; ishwangusha limgubungele ngephanyazo.

17Yibani novelwano nguye, nina bamngqongileyo; nina bangqina udumo
lwegama lakhe, yithini: ‘Yehaa, yaphukile ingwanyalala yomsimelelo;
waphukile umsimbithi wodumo!’

18“Yihlani ewongeni, nina bemi baseDibhon, nihlale phantsi kwelibharhileyo.
Unifikele umtshabalalisi weMowabhi, wazidiliza iinqaba zenu.

19Yimani ngasendleleni, nina bemi baseArure, nikhangele. Buzani kwindoda
esabileyo nakumfazi osindileyo, nithi: ‘Ingaba kwenzekeni na?’

20UMowabhi uhlazekile kuba ubhukuqiwe. Yenzani isijwili nikhale, nazise
abahlala ngaseArnon, nithi: ‘UMowabhi ubhuqiwe.’

21Yithini isigwebo sifikile kuloo mathafa: eHoloni, eJaza, naseMefati;

22eDibhon, eNebho, naseBhete-diblatayim;

23eKiriyatayim, eBhete-gamuli, naseBhete-mewon;

© 1996 Bible Society of South Africa.

24eKeriyoti naseBhozera, nakuzo zonke iidolophu zakwaMowabhi, ezikude
nezikufuphi.

25Waphulw' iimpondo uMowabhi; amandla akhe aphanzisiwe.” Lowo
ngumlomo kaNdikhoyo.

26“Mtshoni ayobe uMowabhi, kuba eziphakamisile phambi koNdikhoyo;
makazityikile emhlanzweni wakhe, abe sisigculelo.

27Kanene uSirayeli wayengesosigculelo senu na? Wakha wabanjwa namasela
na uSirayeli sele nihlunguzela iintloko nje xa nithetha ngaye?

28Phumani ezidolophini zenu, nina bemi bakwaMowabhi, niye kuhlala
ezingxondorheni, nixele ivukuthu elakhela indlwana phezulu emlonyeni
womqolomba.”

29Sivile ngokukratsha kukaMowabhi. Asilokratshi, kukuzidla nokuzingca;
ngenene, kukuzigwagwisa nokuziqenya nokukhukhumala kwentliziyo!

30Nguwo ke lo umlomo kaNdikhoyo: “Ndiyakwazi ukuzidla kukaMowabhi,
kodwa kungamampunge; ukuzigwagwisa kwakhe kulilize.

31Ndiza kwenza isimbonono ngenxa kaMowabhi, ndikhale ngenxa
kaMowabhi ephela, kuncwinwe ngenxa yamadoda aseKiriheresi.

32Wena mdiliya waseSibhema, ndiza kukulilela ngaphezu kokulilela iYazere.
Amasebe akho anabe aya kutsho elwandle, ada afikelela kulwandle
lwaseYazere. Umtshabalalisi uzifikele iidiliya zakho neziqhamo zakho
zasehlotyeni.

33Uvuyo nolonwabo lumkile kumasimi nezitiya zeziqhamo zakwaMowabi,
newayini ndiyinqamle esixovulelweni. Akusavakali nantswahla yabaxovuli;
naxa kukho intswahla asiyontswahla yamivuyo.

34“Isijwili saseHeshbhon sivakele nase-Elale; siye kufikelela eYahazi. Loo
ntsholo inabele eZoware; iye kutsho eHoronayim nase-Egelati-shelishiya;
kuba kaloku namanzi eNimrim sele atsha qoko.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

35Ndiza kumnqumla kwaMowabhi osondeza amadini ezindaweni eziphakamileyo, nalowo uqhumisela oothixo bakhe.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

36“Yiyo loo nto nditsho ngesililo ngathi ngumrhubhe wengcongolo, ndililela iMowabhi, nditsho amadoda aseKiriheresi. Buphelile ubutyebi bawo ababebuqwebile.

37Intloko nganye ichetyiwe, ngokunjalo neendevu zisusiwe; isandla ngasinye sicentiwe, esinqeni ngasinye kwabhinqwa irhonya.

38Emaphahleni ezindlu zonke zakwaMowabhi nasezindaweni zembutho kusisijwili nje sodwa, kuba uMowabhi ndimkrobozile oku kwengqayi engafunwa bani.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

39“Hayi ukuhlazeka kwakhe; hayi ukubhombholoza kwabo! Hayi ukunikela kukaMowabhi ikhosi ngenxa yeentloni. Usuke waba sisigculelo nesothuso kwabo bamngqongileyo uMowabhi.”

40Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Khangela ukhozi luyandanda, lutweze amaphiko phezu koMowabhi.

41Iidolophu ziza kuthinjwa, iinqaba zakhona zihluthwe. Ngaloo mini intliziyo yamagorha akwaMowabhi iya kuba njengentliziyo yomfazi ophethwe yinimba.

42UMowabhi uza kuphanziswa angabi saba sisizwe, kuba eziphakamisile phambi koNdikhoyo.

43Ufikelwe kukunkwantya nomhadi nomgibe, wena mmi waseMowabhi.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

44“Obaleka ngenxa yokunkwantya weyela emhadini; ophuma emhadini, ubanjiswa ngumgibe. Konke oko ndiza kukuhlisela uMowabhi ngonyaka wokumohlwaya kwam.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

45“Iimbacu zema emathunzini eHeshbhon zityhafile, kuba kusuke kwaqhambuka umlilo kuloo Heshbhon. Kulenya amadangatye kwaSihon;

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

atshisa ibunzi labakwaMowabhi, nokhakayi lwabaqhankqalazi abenza ingxolo.

46Yehaa kuwe, Mowabhi! Batshabalele abantu bakaKemoshe, kuba umlisela nomthinjana wakho usiwe ekuthinjweni.

47“Kambe ke, kwimihla ezayo ndombuyisela kundalashe uMowabi, adle ngendebe endala.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. Siyaphela apha isigwebo sesizwe sakwaMowabhi.

UJeremiya 49

Udaba malunga noAmon

1Malunga noAmon uNdikhoyo utsho ukuthi: “Akananyana na uSirayeli? Akanandlalifa na? Kutheni uMilikom elithimbile ilifa likaGadi? Kutheni iidolophu zakwaGadi zimiwe ngabantu bakaMilikom?”

2Kambe ke, nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: “Niyabona, iyeza imihla endiya kuyihlabela umkhosi iRabha yama-Amon. Iya kuba yimfumba yamabhodlo, iilali zayo zitshiswe ngomlilo. Ewe, uSirayeli uya kubagxotha abo babemgxothile.” Utsho uNdikhoyo.

3“Yenza isijwili, wena Heshbhon, kuba iAyi ibhuqiwe. Khalani, zilali zaseRabha; bhinqani ezirhwexayo nizile. Zula-zulani nididekile, kuba uMilikom uya kuthinjwa, nditsho yena kunye nababingeleli neziphathamandla zakhe.

4Kutheni niqhayisela ngeentili zenu, iintili zenu ezichumileyo? Hayi bo, bantundini abakreqayo, abakholosa ngobutyebi babo! Nithi: ‘Ngubani onokusihlasela?’

5Niyabona, ndiza kunihlisela unkwantyo luvela kubantu abaningqongileyo.” Lowo ngumlomo weNkosi uNdikhoyo onamandla onke. “Niya kuchitha-chithwa, elowo asabe ngeyakhe indlela, kungabikho bani uzihlanganisayo iimbacu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6Kambe ke, emva koko, ndiya kumbuyisela kundalashe uAmon, adle ngendebe endala.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

Udaba malunga noEdom

7Malunga noEdom uNdikhoyo onamandla onke utsho ukuthi: “Akusekho bulumko na kwaTeman? Sezaphelelwa ngamacebo na iingqondi? Sebutshitshile na ubulumko bazo?

8Jikani nisabe, nizimele kwimiqolomba emnyama, nina bemi bakwaDedan. Ndiza kumhlisela ishwangusha uEsawu, kuba lifikile ixesha lokuba ndimohlwaye.

9Andithi xa kuvunwa iidiliya ubakho umbhikico oshiyekayo? Andithi xa kufika amasela ebusuku ayeba ade anele?

10Kodwa mna ndiya kumhluba konke anako uEsawu, ndimkhuphulule kwezo ndawo azimele kuzo, angabi nako tu ukufihlakala. Uya kucinywa igama yena nenzala yakhe, angabi saba nabo abazalwana nabamelwane.

11Zishiyeni iinkedama zenu – ndiya kuzondla; kwanabahlolokazi benu mabakholose ngam.”

12Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Niyabona, kwanâbo bakhangeleka ngathi abakufanelanga ukohlwaywa, nabo bayayisezwa indebe yengqumbo yam. Wena ke ubuya kuthini ukuphoswa sisibetho? Inene, nawe uya kuyisela loo ndebe.

13Ndifunga iGama lam,” lowo ngumlomo kaNdikhoyo: “IBhozera iya kuba sisothuso, nehlazo, nentshabhiso, nesiqalekiso, yona needolophu zayo zonke zibe ngamanxuwa ngonaphakade.”

14Ndive udaba, luvela kuNdikhoyo, kuthunywe isigidimi ezintlangeni ukuthi: “Hlanganani, nilungele imfazwe; qulani, nizimisele ukuyihlasela.”

15“Edom, ndiza kukwenza ube mncinane ezintlangeni, udeleke ebantwini.

16Ulahlekisiwe kukoyikeka kwakho nalikratshi lakho, wena omi ezimfanteni zeengxondorha, wena ohleli kwiincopho zeentaba. Nokuba uyakhe phezulu

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

indlu yakho, yaxela eyokhozi, ndokuthula apho.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

17“Uya kuba sisothuso uEdom. Bonke abadlulayo baya kuthi makatha, baphoxise ngenxa yokubhukuqwa kwakhe.

18Nqwa nokubhukuqwa kweSodom neGomora needolophu ezingqongileyo kuya kuba njalo ukubhukuqwa kwelamaEdom – akuyi kuba sabakho bani uhlala khona, kungabikho kwamphambukeli apho.” Utsho uNdikhoyo.

19“Njengengonyama ephuma kwiintshinyela zamatyholo aseJordan, isiya emadlelweni ahlala eyokozela, kuya kuba njalo ukumgxotha kwam ngephanyazo kwelakowabo uEdom. Ngubani na onyuliweyo nendiya kumalatha ukuze andenzele oku? Kakade ngubani na onjengam onokumelana nam, ingubani umalusi onokuxaba endleleni yam?

20Ke ngoko liveni icebo likaNdikhoyo alicebileyo nge-Edom, izigqibo zakhe agqibe ngazo ngokubhekiselele kubemi bakwaTeman. Inene, namatakane aya kuqwengwa, umhlambi uthi khumnqa ngenxa yawo.

21Ihlabathi liya kunyikima sisithonga sokuwa kwabo. Isandi sokukhala kwabo siya kuvakala de kuye kutsho kuLwandle oluBomvu.

22Khangela, ukhozi luyantinga lundande; lutweza amaphiko phezu kweBhozera. Ngaloo mini intliziyo yamagorha akwaEdom iya kuba njengentliziyo yomfazi ophethwe yinimba.”

Udaba malunga neDamasko

23Malunga neDamasko uNdikhoyo uthi: “Ihlazekile iHamati neApadi, kuba kuviwe iindaba ezimbi. Bancamile, bakhathazekile; bafana nolwandle olungenakuzola.

24IDamasko ityhafile; ijikile, yasuka yabaleka. Ifikelwe kukunkwantya; ihlelwe yimbandezelo nenimba njengozalayo.

25Hayi ukulahlwa kwesi sixeko ebesisakuba sesidumileyo, isixeko ebesisakuba yindawo yemihlali!

© 1996 Bible Society of South Africa.

26Inene, amadodana aso aya kuwa ezitalatweni; onke amajoni aso aya kuthi
cwaka ngaloo mini.” Ewe, nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo onamandla
onke; uthi:

27“Ndiya kusintumeka umlilo isixeko saseDamasko, atshiswe nguwo
amabhotwe kaBhenadadi.”

Udaba malunga namaKedare nesixeko iHazore

28Malunga namaKedare nezikumkani zaseHazore awazihlaselayo
uNebhukadenezare ukumkani waseBhabheli utsho uNdikhoyo ukuthi:
“Phakamani niwahlasele amaKedare, nibatshabalalise abantu
basempumalanga.

29Ziya kuthinjwa iintente zabo nemfuyo yabo, kumkiwe nemikhusane yabo
nempahla esezintenteni zabo, nditsho kwaneenkamela zabo. Kuya
kumemezwa kubo kuthiwe: ‘Lunxunguphalo macala onke!’

30“Sabani! Balekani ngamandla! Zimelani kwimiqolomba emnyama, nina
bemi baseHazore.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. “Kaloku
uNebhukadenezare, ukumkani waseBhabheli, ucebe icebo malunga nani,
wagqiba izigqibo ngani.

31“Phakamani niye kuhlasela uhlanga oluzonwabeleyo, uhlanga oluhleli
lungenaxhala.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. “Nditsho olungenazingcango
namivalo, uhlanga oluzihlalele lodwa bucala.

32Iinkamela zabo ziya kuphangwa, imihlambi yabo ngobuninzi bayo ibe
lixhoba. Ndobachitha-chitha baphetshethwe ngumoya abo banwele
zichetyiweyo ezintlafunweni. Ndobahlisela ishwangusha macala onke.” Lowo
ngumlomo kaNdikhoyo.

33“IHazore iya kuba sisikhundla soodyakalashe, kube senkangala kude kube
nini-nini. Akuyi kuhlala bani khona, kungabikho mntu uphambukela apho.”

Udaba malunga nelakwaElam

34Nalu udaba lukaNdikhoyo olwavakala kumshumayeli uJeremiya malunga
nelakwaElam esandula ukuqala ukuphatha uZedekiya ukumkani wakwaJuda.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

35Utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: “Niyabona, ndiza kusaphula isaphetha sakwaElam; eso kanye sisisiseko sobugorha babo.

36ElakwaElam ndiza kulizisela imimoya yomine ephuma macala onke. Ndobachitha-chitha kuloo mimoya yonke, kungabikho luhlanga bangafikiyo kulo abachithiweyo bakwaElam.

37Ndowenza amaElam ankwantye akuqubisana neentshaba ezizungula ubomi bawo, ndowahlisela intlekele ukuvutha komsindo wam.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. “Ndowaleqa ngekrele, ndide ndiwagqibe.

38Ndiya kumtshabalalisa ukumkani wakhona kunye neziphathamandla zakhe, ibe ndim olawula apho.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

39“Kambe ke, kwimihla ezayo, ndombuyisela kundalashe uElam, adle ngendebe endala.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

UJeremiya 50

Udaba malunga neBhabheli

1Nâli ilizwi uNdikhoyo awalithethayo ngomshumayeli uJeremiya malunga neBhabheli nezwe lamaKaledi:

2“Xelani nivakalise ezintlangeni, niphakamise ibhanile niqononondise. Musani ukufihlisa, koko yithini: ‘Ithinjiwe iBhabheli; uhlazekile uBhele; uMarduki uyankwantya luloyiko. Zihlazekile izithixo zabo; ziyankwantya izinto ezingamasikizi abazinqulayo.’

3Kaloku ihlaselwe luhlanga lwasentla oluya kwenza ilizwe libe senkangala. Aliyi kumiwa bani – bobaleka bemke abantu kwanezilwanyane.

4“Ngaloo mihla nangelo xesha,” lowo ngumlomo kaNdikhoyo, “abantu bakwaSirayeli nabantu bakwaJuda baya kuhamba kunye belila, befuna uNdikhoyo uThixo wabo.

5Baya kubuza indlela esinga eZiyon, babheke kuyo, bathi: ‘Yizani, sizimanye noNdikhoyo ngomnqophiso ongenasiphelo nongasayi kulityalwa.’

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6“Abantu bam bâba ziigusha ezilahlekileyo; balahlekisiwe ngabelusi babo,
babhadula ezintabeni, bajikeleza iintaba neenduli, bayilibala indawo yabo
yokuphumla.

7Babedliwa ngabo bonke ababafumanayo; iintshaba zabo zazisithi:
‘Asinatyala. Kaloku bamonile uNdikhoyo, yena olidlelo lenene, yena
Ndikhoyo ithemba looyise.’

8“Balekani niphume eBhabheli; lishiyeni izwe lamaKaledi, nixelise iinkunzi
zeebhokwe ezikhokela umhlambi weegusha.

9Kuba kaloku kwelasentla ndiya kuvelisa igqiza leentlanga ezinkulu;
ndizifunzela eBhabheli. Ziya kuwacwangcisa amajoni, abe zizintlu zokulwa,
ziyihlasele zivela ngasentla, ziyithimbe. Iintolo zabo ziya kuba
njengamagorha anobuchule angabuyi elambatha.

10Loba lixhoba elamaKaledi, abathimbi balo bathimbe bade banele.” Lowo
ngumlomo kaNdikhoyo.

11“Nakuba nivuya nidlamkile, nina baphangi belifa lam, nakuba nidloba
njengethokazi elibhulayo, nakuba nikhala okweenkunzi zamahashe,

12uya kuba neentloni gqitha unyoko iBhabheli; uya kuhlazeka onizeleyo.
Niyabona, uya kuba ngowokugqibela ezintlangeni – intlango, umqwebedu,
inkqantosi.

13Ngenxa yengqumbo kaNdikhoyo uya kuba sisixeko esingamiwa bani,
indawo eyinkangala mpela. Bonke abadlulayo eBhabeli baya kothuka, bathi
khumnqa ngenxa yokubhukuqwa kwayo.

14“Yakhani uhlelo, niyingqinge iBhabheli, nina nonke batyedi besaphetha.
Tolani nitsho kuyo, ningashiyi lutolo, kuba imonile uNdikhoyo.

15Hlabani umkhosi macala onke! Iyanikezela – iinqaba zayo ziwile; iindonga
zayo zidiliziwe. Yimpindezelo kaNdikhoyo le; phindezelani ke kuyo, nenze
kuyo njengoko nayo yenze kwabanye.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Mnqumleni eBhabheli umhlwayeli nalowo uphethe irhengqa ngexesha lokuvuna. Ngenxa yokudlavula kwekrele elowo ubheka ebantwini bakowabo, elowo ubalekela ezweni lakowabo.

17“USirayeli uyigusha ebhacileyo; usukelwe ziingonyama. Eyokuqala eyamdlayo ngukumkani waseAsiriya; eyokugqibela ukugramza amathambo akhe nguNebhukadenezare ukumkani waseBhabheli.”

18Ke ngoko uNdikhoyo onamandla onke, uThixo kaSirayeli, utsho ukuthi: “Niyabona, ndiza kumohlwaya ukumkani waseBhabheli nelizwe lakhe njengoko ndamohlwayayo ukumkani waseAsiriya.

19Ke yena uSirayeli ndiya kumbuyisela edlelweni lakhe, adle eKarmele naseBhashan, ahluthe ezintabeni zakwaEfrayim nezaseGiliyadi.

20Ngaloo mihla nangelo xesha,” lowo ngumlomo kaNdikhoyo, “buya kufunwa ubugwenxa bukaSirayeli, kodwa bungabikho; ziya kufunwa nezono zikaJuda, kodwa zingafumaneki. Kaloku ndiya kuwaxolela loo masalela ndiwasindisayo.

21“Lihlasele ilizwe laseMeratayim nabemi basePekode; babulale ubatshabalalise ngokupheleleyo.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. “Kwenze konke endikuyalele kona.

22Isithonga semfazwe sivakala elizweni, isandi sobhukuqo olukhulu.

23Nantso intlekekile ihamile eyayikhanda ihlabathi! Hayi ukuba ngamanyumnyezi kweBhabheli phakathi kweentlanga!

24Ndikuthiyele, Bhabheli, wabanjiswa ungaqondi. Ufunyenwe, wabhajiswa, kuba uchasene noNdikhoyo.

25UNdikhoyo ubavulile oovimba bakhe, wazikhupha izikhali zengqumbo yakhe, kuba iNkosi uNdikhoyo enamandla onke inomsebenzi ezweni lamaKaledi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

26Yihlaseleni iBhabheli, nivela macala onke. Zivuleni izisele zayo, nizifumbe izidumbu zibe ngathi ziimfumba zombona. Ewe, tshabalalisani ngokupheleleyo, kungabikho masalela.

27Zigwazeni zonke iinkokheli zayo; mazibe ngathi ziinkunzi ezixhelwayo. Yeha ke, bona! Imini yabo ifikile; ixesha labo lokohlwaywa ligalelekile.

28Phulaphulani! Ababalekileyo basinda ezweni laseBhabheli bayathetha eZiyon; babhengeza impindezelo kaNdikhoyo uThixo wethu, nditsho ukuziphindezela kwakhe ngenxa yendlu yakhe.

29“Bahlabeleni umkhosi abatoli, beze eBhabheli, bona bonke abatyeda isaphetha. Yingqingeni macala onke, kungabikho bani uphuncukayo. Yibuyekezeni ngokwezenzo zayo; yenza kuyo njengoko yona yenze kwabanye. Kaloku imdelile uNdikhoyo uYedwa kaSirayeli.

30Ke ngoko amadodana ayo aya kuwa ezitalatweni, amajoni ayo aphele loo mini.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

31“Uyabona, ndikuchasile, ntondini izidlayo.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo iNkosi enamandla onke. “Ifikile imini yakho; ligalelekile ixesha lakho lokohlwaywa.

32Lo uzidlayo uza kukhubeka awe, kungabikho bani umvusayo. Ndiza kuphemba umlilo ezidolophini zakhe, utshise bonke abamngqongileyo.”

33Utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: “Aphantsi kwengcinezelo amaSirayeli, kwanamaJuda ngokunjalo. Avalelwe ngabo bantu athinjwe ngabo; abavumi ukuwandulula.

34Kambe uMkhululi wawo womelele; nditsho lo ugama linguNdikhoyo onamandla onke. Uya kuwalamlela kwabo bawachasayo, alinike inzolo ilizwe lawo, abagungqise abemi baseBhabheli.

35“Ikrele maliwafikele amaKaledi nabemi baseBhabheli, bekunye neziphathamandla nezilumko zayo.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

36“Ikrele malibafikele oosiyazi bayo, basuke babe ziziyatha. Ikrele maliwafikele amagorha, asuke abe ngamagwala.

37Ikrele maliwafikele amahashe neenqwelo, kwanawo onke amajoni engqesho ayo, asuke abe njengabafazi. Ikrele malibufikele ubuncwane bayo, busuke buphangwe.

38Ukubalela makuwafikele amanzi ayo, asuke atshe. Kuba kaloku ililizwe lemifanekiso yezithixo, izithixo eziya kutsho zigeziswe kukothuka.

39“Ke ngoko iBhabheli iya kuba sisikhundla seengcuka noodyakalashe, ibe yindawo ehlala iinciniba. Ayisoze iphinde imiwe bantu, ingahlalwa bani izizukulwana ngezizukulwana.

40Njengoko uThixo wazibhukuqayo iSodom neGomora kwakunye needolophu ezingqongileyo, kwangokunjalo akuyi kuhlala bani, kungayi kuphambukela mntu khona.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

41“Niyabona, kuza abantu, bevela entla; uhlanga olukhulu nookumkani abaninzi bayaxhokonkxwa, bevela eziphelweni zehlabathi.

42Baxhobe izaphetha nemikhonto; bazizikhohlakali ezingenamfesane. Isingqi sokufika kwabo bekhwele amahashe kunga kukugquma kolwandle. Baxhobe baf' amacala, khon' ukuze bahlasele wena, ntombindini Bhabheli.

43Ukumkani waseBhabheli uve iindaba ngabo, zangenwa ngumkhinkqi iingalo, lwangongoza uvalo oku komfazi olunywayo.

44Niyabona, njengengonyama ephuma kwiintshinyela zamatyholo eJordan, iye emadlelweni ahlala eyokozela, kuya kuba njalo ukuyigxotha kwam ngephanyazo kwelakowayo iBhabheli. Ngubani na onyuliweyo nendiya kumalatha ukuze andenzele oku? Kakade ngubani onjengam onokumelana nam, ingubani umalusi onokuxaba endleleni yam?”

45Ke ngoko liveni icebo likaNdikhoyo alicebileyo ngeBhabheli, izigqibo zakhe agqibe ngazo ngokubhekisele kwilizwe lamaKaledi. Inene, namatakane aya kuqwengwa, umhlambi uthi khumnqa ngenxa yawo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

46Ihlabathi liya kunyikima sisithonga sokuthinjwa kweBhabheli, isikhalo sayo
sivakale ezintlangeni.

UJeremiya 51

1Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Niyabona, iBhabheli nabemi beLebhe-kamayi
ndibazisela umoya otshabalalisayo.

2Ndiya kuthumela eBhabheli abantu bokwela abaya kuyivuthulula
baliphanzise ilizwe layo. Baya kuyifikela macala onke ngomhla wentlekele.

3Umtyedi wesaphetha akayi kuba nako ukudubula ngetolo, angabi naxesha
lakuqhayisa ngezambatho zokuzikhusela. Musani ukuwayeka asinde
amadodana ayo; wutshabalalise ngokupheleleyo umkhosi wayo.

4Baya kuwa, bebulewe ezweni lamaKaledi, begwazwe ezitalatweni.

5Kuba kaloku uSirayeli noJuda abazange bafane nabahlolokazi – abazange
bangabi naye uThixo wabo, uNdikhoyo onamandla onke, naxa balizalisayo
ilizwe labo lityala lokona onguYedwa kaSirayeli.

6“Balekani niphume eBhabheli, elowo asindise ubomi bakhe! Musan'
ukwenzakaliswa ngenxa yobugwenxa bayo. Eli lixesha lempindezelo
kaNdikhoyo; uza kuyibuyekeza ngokwezenzo zayo.

7IBhabheli ibiyindebe yegolide esandleni sikaNdikhoyo; indebe enxilise lonke
ihlabathi. Iintlanga zasela ewayinini yayo, zasuka zageziswa yiyo.

8IBhabheli iza kuwa ngequbuliso yaphuke; bhombolozani ngenxa yayo.
Wafuneleni amafutha aqholiweyo amanxeba ayo; mhlawumbi anganyangeka.

9“Kothiwa: ‘Siba ngayinyanga iBhabheli, ayiphili. Masiyishiye, elowo ahambe
aye ezweni lakowabo, kuba ityala layo logwetywa emazulwini, liphakame
laya kutsho phezulu.

10UNdikhoyo usigwebele, wabubhengeza ubulungisa bethu. Yizani siyibalise
eZiyon imisebenzi kaNdikhoyo uThixo wethu.’

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11“Ziloleni iintolo; qulani amakhaka! UNdikhoyo uxhokonkxe ookumkani
bamaMedi, kuba unenjongo yokuba iBhabheli itshatyalaliswe. Yimpindezelo
kaNdikhoyo leyo, impindezelo ngenxa yendlu yakhe.

12Ziphakamiseleni ibhanile iindonga zeBhabheli, nongeze abalindi.
Bathumeni balinde, nilungise nabalaleli. UNdikhoyo uza kuyiphumelelisa
injongo yakhe, akwenze oko akuthethileyo ngabemi baseBhabheli.

13Wena ohleli ngasemanzini amaninzi, wena obuncwane bungako, sifikile
isiphelo sakho, ligalelekile ixesha lokuba usikwe.

14UNdikhoyo onamandla onke ufungile, ezifunga ngokwakhe, wathi:
‘Ndokutsho uzale ngabantu ngathi ziinkumbi. Iya kuba yimihelele bevuya
ngenxa yokoyiswa kwakho.’

15“Ngulowenza ihlabathi ngamandla akhe; ngulozinzisa elimiweyo
ngobulumko bakhe, waza walitwabulula izulu ngokwengqiqo yakhe.

16Akuvakalisa ilizwi lakhe amanzi ayazongoma ezulwini, kufunquke amafu
emaphethelweni omhlaba. Uthumela umbane kunye nemvula, athulule
umoya koovimba bakhe.

17“Bonke ziziyatha ezingenalwazi; ingcibi yegolide iyahlazeka ngenxa
yemifanekiso eyiqingqileyo. Imifanekiso yayo eyityhidileyo bubuxoki –
kaloku ayinawo umphefumlo.

18Ingamampunge – izizinto zokugxekwa; ngemini yomgwebo iya
kutshabalala.

19Akanjengabo yena uSahlulelo sikaYakobi – kaloku yena nguMbumbi weento
zonke, kwanowesizwe ke esililifa lakhe. NguNdikhoyo uSomandla-onke
igama lakhe.

20“Nguwe, Bhabheli, ibhunguza lam; usisikrweqe sam sokulwa. Ndiya
kuzihlekeza ngawe iintlanga, ndizonakalise ngawe izikumkani.

21Ngawe ndihlekeza ihashe noqabele kulo; ndihlekeze inqwelo yokulwa
nokhwele kuyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22Ngawe ndihlekeza indoda nomfazi, ndihlekeze ixhego nomfana, nditsho kwaumlisela nomthinjana.

23Ngawe ndihlekeza umalusi nomhlambi wakhe, ndihlekeze umlimi nesipani sakhe, nditsho iirhuluneli namagosa azo.

24Niya kukubona ukubuyekeza kwam, xa ndibuyekeza iBhabheli nabemi bonke belamaKaledi ngenxa yobubi bonke ababenze kwiZiyon.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

25“Uyabona, ndikuchasile, ntabandini yokonakalisa, wena olonakalisileyo lonke ihlabathi.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. “Ndiya kolula isandla sam phezu kwakho, ndikuqengqe uhle emaweni, ndikwenze intaba etshisiweyo.

26Akukho litye lokwakha ikona eliya kuthathwa kuwe, kungekho litye lasiseko liya kucholwa kuwe, kuba uya kuba yinkangala ngonaphakade.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

27“Phakamisani ibhanile elizweni! Vuthelani ixilongo ezintlangeni, nizigonyele ukulwa neBhabheli. Zihlabeleni umkhosi, zize izikumkani zeArarati, neMini, neAshkenazi. Yalathani injengele yokuhlasela, nithume amahashe ngathi ziinkumbi ezinyakazelayo.

28Zigonyeleni ukulwa neBhabheli iintlanga, nditsho ookumkani bamaMedi, neerhuluneli zabo, kunye nawo onke amaphakathi azo, kwakunye nezizwe zonke ezilawulwa zizo.

29Ihlabathi liyanyikima, liyazibhija-bhija, kuba uNdikhoyo uyaziphumelelisa izigqibo zakhe azigqibe ngeBhabheli. Ilizwe laseBhabheli ulenza libe yinkangala, lingabi samiwa bani.

30Amagorha aseBhabheli ayekile ukulwa; akasaphumi ezinqabeni. Ubugorha bawo buphelile; basuke baba njengabafazi. Izindlu zazeBhabheli zintunyekwe umlilo; yaphukile imivalo yamasango ayo.

31Isigidimi sandulela isigidimi, umbiki alandele umbiki, bonke bebikela ukumkani waseBhabheli ukuba isixeko sakhe sonke sithinjiwe,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

32besithi amazibuko avingciwe, iingcongolo ezingasesizibeni somlambo
zantunyekwa umlilo, asuka amajoni ankwantya luloyiko.”

33Utsho uNdikhoyo onamandla onke, uThixo kaSirayeli, ukuthi: “Intombi
eyiBhabheli injengebala lokubhulela ngexesha lokugangathwa kwalo;
ngexesha elingephi wofika umhla wokuba kuvunelwe kulo.”

34“Usidlile uNebhukadenezare ukumkani waseBhabheli; usimfimfithe
wasishiya sisisitya esize. Usiginye njengengwenya, izimuncu-muncu zethu
wazenza ukutya kwakhe, waza wasenza into yokuxukuxa.

35Ugonyamelo esiluve emizimbeni yethu malubuyekezwe kwiBhabheli,”
batsho abemi beZiyon. “Igazi lethu malibizwe kubemi belamaKaledi,” itsho
iJerusalem.

36Ke ngoko utsho uNdikhoyo ukuthi: “Uyabona, ndiya kukugwebela,
ndikuphindezele. Ndiya kulwenza lutshe ulwandle lweBhabheli, utsho wome
umthombo wayo.

37IBhabheli iya kuba linxuwa, ibe sisikhundla soodyakalashe, nento
esisothuso nesigculelo, indawo engamiwa bani.

38Abantu bayo xa bebonke bagquma njengeengonyama, babharhula
njengamathole eengonyamakazi.

39Xa bavuka umnyele ndobenzela umgidi, ndibanxilise, badlamke, balale
ubuthongo, bangavuki ngonaphakade.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

40“Ndiya kubasa ekuxhelweni njengamatakane, njengeenkunzi zeegusha
nezeebhokhwe.

41“Hayi ukuthinjwa kweSheshaki! Ibhongo lehlabathi lonke libanjiwe. Hayi
ukwenziwa isothuso kweBhabheli phakathi kweentlanga!

42Ulwandle luya kuyigqumelela iBhabheli, igutyungelwe ngamaza agqumayo.

43Iidolophu zayo ziya kukhal' ibhungane, ilizwe libe ngumqwebedu
nenkqantosi, ilizwe elingamiwa mntu, ilizwe elingacandwa nangumhambi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

44Ndiya kumohlwaya uBhele uthixo weBhabheli, ndimenze akuhlanze oko akuginyileyo. Iintlanga aziyi kuba saxhontelana kuye, nodonga lweBhabheli luya kuwa.

45“Phumani kuyo, nina bantu bam, elowo nalowo asindise ubomi bakhe. Kubalekeni ukuvutha komsindo kaNdikhoyo.

46Musani ukutyhafa okanye noyike xa nithe neva amarhe elizweni. Amarhe aya kulandelana minyaka le, amarhe ogonyamelo elizweni, amarhe okuvukelana kwabaphetheyo.

47Inene, iyeza imini yokuba ndizohlwaye izithixo zaseBhabheli. Ilizwe layo lonke liya kuhlaziswa, izidumbu zababuleweyo ziya kuqungquluza phakathi kuyo.

48Ngenxa yeBhabheli kuya kumemelela izulu nomhlaba nento yonke ekhoyo phezulu naphantsi. Kaloku iza kuhlaselwa ngababhuqi bevela ngasentla.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

49“IBhabheli iza kuwa ngenxa yababuleweyo bakwaSirayeli, kanye njengokuba ababuleweyo behlabathi lonke bawayo ngenxa yeBhabheli.

50Nina nisindileyo ekreleni, yimkani ningaphozisi maseko! Mkhumbuleni uNdikhoyo ezweni elikude, ihlale isezingcingeni zenu iJerusalem.”

51“Sihlazekile, kuba sive ingcikivo; ihlazo ligubungele ubuso bethu. Kaloku iintlanga zingene ezindaweni ezingcwele zendlu kaNdikhoyo.”

52“Kambe iyeza imihla endiya kuyohlwaya imifanekiso eqingqiweyo, bancwine ezweni lonke laseBhabheli abangxwelerhekileyo.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

53“Nokuba iBhabheli ithe yaphakama yaya kufikelela ezulwini, nokuba iyinqaba ephakamileyo neyomeleleyo kangangoko, ndiya kuyithumela umbhukuqi.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

54“Phulaphulani! Kuvakala isikhalo eBhabheli, isandi sobhukuqo olukhulu ezweni lamaKaledi,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

55kuba uNdikhoyo uyayibhukuqa iBhabheli, uyayiphelisa ingxokozelo yayo enkulu. Iintshaba ziya kugaleleka ngathi ngamaza amakhulu elwandle; kuya kuvakala isandi sengxolo yazo.

56IBhabheli iya kufikelwa ngumbhukuqi, abanjwe amagorha ayo, ziqhawulwe izaphetha zawo. Kaloku nguThixo wempindezelo uNdikhoyo; yena ubuyekeza ngokupheleleyo.

57Ndiya kuzinxilisa iziphathamandla nezilumko zayo, kwakunye neerhuluneli namagosa namagorha ayo. Baya kulala ubuthongo, bangavuki ngonaphakade." Lowo ngumlomo weKumkani egama linguNdikhoyo uSomandla-onke.

58Utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: "Luya kudilizwa ngokupheleleyo udonga lweBhabheli nangona lubanzi lunjalo. Amasango ayo aphakamileyo aya kutshiswa ngomlilo. Izizwe zifumane zabulaleka; imigudu yeentlanga ziinkuni zomlilo."

Ukuthunywa kukaSeraya

59Nali ilizwi umshumayeli uJeremiya awamwisela umthetho ngalo uSeraya, uNyana keNeriya, unyana kaMaseya, xa wayesiya eBhabheli kunye noZedekiya ukumkani wakwaJuda ngonyaka wesine wolawulo lwakhe. USeraya lo wayengumphathiswa wokulungiselela iindawo zokuphumla abahambi.

60UJeremiya wabubhala encwadini enye bonke ububi obuya kuyifikela iBhabheli (konke okusekubhaliwe malunga neBhabheli)

61waza wathi kuSeraya: "Wakufika eBhabheli nakanjani na uze uwafunde ngokuvakalayo onke la mazwi.

62Uze uthi: 'Ndikhoyo, uthethile ngale ndawo, usithi uza kuyitshabalalisa, ingabi samiwa mntu, kungabi sabakho namfuyo kuyo, koko ibe ngamanxuwa ngonaphakade.'

© 1996 Bible Society of South Africa.

63“Xa ugqibile ukuyifunda le ncwadi, uzubophelele ilitye kuyo, uyiphose
esazulwini somlambo iEfrati,

64uthi: ‘Iya kwenjenje iBhabheli ukutshona, ingaphinde iphume, ngenxa
yobubi mna Ndikhoyo endiya kuyihlisela bona. Abemi bayo bafumene
babulaleka ilize.’ ” Aphela apha amazwi kaJeremiya.

UJeremiya 52

Ukuwa kweJerusalem

(2 Kum 24:18 – 25:7)

1Ukuqala kwakhe ukulawula uZedekiya wayeneminyaka emashumi mabini
ananye, waza ke walawula eJerusalem iminyaka elishumi elinanye. Unina
yayinguHamutali intombi kaJeremiya waseLibhena.

2KwanjengoJoyakim naye wenza ububi emehlweni kaNdikhoyo.

3Kungenxa yengqumbo kaNdikhoyo ukuba uJuda neJerusalem bahlelwe yile
ntlekele, bade ekugqibeleni ke bagxothwa phambi kwakhe. UZedekiya ke
wavukelana nokumkani waseBhabheli.

4Ngoko ke kwathi kunyaka wethoba wolawulo lukaZedekiya, ngomhla
weshumi wenyanga yeshumi, ukumkani waseBhabheli uNebhukadenezare
wagaleleka eJerusalem nomkhosi wakhe uphela. Bamisa ngaphandle
kwesixeko, basakhela iindonga zokuhlasela.

5Sahlala singqingiwe njalo ke isixeko eso yada yangunyaka weshumi elinanye
kakumkani uZedekiya.

6Kwathi ngomhla wethoba kwinyanga yesine yabe indlala iqatsele apho
esixekweni, kangangokuba abantu baphelelwa kukutya.

7Ke kaloku amaKaledi alugqobhoza udonga lwesixeko, waza umkhosi wonke
waseJerusalem wasaba ngobusuku, wemka ngendlela edlula ngasemyezweni
kakumkani, waphuma ngesango eliphahlwe ziindonga, wabalekela entilini
yeJordan. Ngelo xesha amaKaledi ayesasingqingile isixeko.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Kambe ke umkhosi wamaKaledi wasukelisa, waza wamfumana uZedekiya
nomkhosi wakhe wonke xa wayesesentilini yaseJeriko. Wahlukaniswa
nomkhosi lowo, wona wasarhaka,
9waza yena wabanjwa. Wathathwa wasiwa kukumkani waseBhabheli
eRibhela ezweni laseHamati, owathi yena walithetha ityala lakhe wamgweba.
10Apho eRibhela ukumkani waseBhabheli wababulala oonyana bakaZedekiya
ekhangele, wazibulala nazo zonke iziphathamandla zakwaJuda.
11Yena uZedekiya wamtyhaphaza amehlo, waza wamkhonkxa
ngamatyathanga obhedu, ukuze asiwe eBhabheli, wamfaka entolongweni
kwada kwayimini yokufa kwakhe.

Ukubhukuqwa kweJerusalem
(2 Kum 25:8-17)

12Ke kaloku kwathi, ngomhla weshumi wenyanga yesihlanu kunyaka
weshumi elinethoba kakumkani waseBhabheli uNebhukadenezare, ingqwayi-
ngqwayi yabalindi uNebhuzaradan, eyayiliphakathi likakumkani
waseBhabheli, yagaleleka eJerusalem.
13Indlu kaNdikhoyo wayintumeka umlilo, yatsha kunye nebhotwe ngokwalo,
nazo zonke izindlu zaseJerusalem. Zonke izakhiwo ezibalulekileyo
wazitshisa.
14Wonke loo mkhosi waseBhabheli phantsi kwaloo ngqwayi-ngqwayi
yabalindi basebhotwe wazidiliza zonke iindonga ezazijikeleze iJerusalem.
15UNebhuzaradan lowo wababamba wabathimba abathile kubantu
abangamahlwempu nabantu ababengamasalela apho esixekweni, ndawonye
namagcisa kwakunye nâbo babesebezinikezele kumaBhabheli.
16Kambe ke ingqwayi-ngqwayi leyo yabashiya abanye abantu
abangamahlwempu, ukuze basebenze amasimi nezidiliya.
17AmaBhabheli azaphula iintsika zobhedu, kwakunye neenqwelana, nechibi
lobhedu, zinto ezo zazisendlwini kaNdikhoyo, aza aluthatha lona ubhedu olo,
aya nalo eBhabheli.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

18Azithatha neembiza, iifotsholo, izikhwezeli-zibane, nezitya zokufefa, namacephe, nazo zonke izinto ezenziwe ngobhedu ezazisetyenziswa apho endlwini kaThixo.

19Ewe, ingqwayi-ngqwayi leyo yazithatha iingcedevu, neepani zesiqhumiso, nezitya zokufefa, neembiza, neziphatho zezibane, namacephe, namathunga asetyenziswa kwiminikelo ethululwayo, kwakunye nayo yonke into eyayenziwe ngegolide engcwengekileyo okanye isiliva engcwengekileyo.

20Ubhedu olwafumaneka kwezo ntsika zimbini, kwelo chibi, kuloo mifanekiso ilishumi elinambini leenkunzi zeenkomo elalimi phezu kwazo, nakwezo nqwelo – zinto ezo ezazenzelwe indlu kaNdikhoyo nguSolomon – lwalungenamlinganiso ngenxa yobuninzi.

21Intsika nganye kwezo zimbini zobhedu yayiziimitha ezisibhozo ukuphakama, iziimitha ezintlanu ezinesiqingatha ukuyithandela. Yayakhiwe ngobhedu oluyiminwe emine ububanzi, iliholoholo.

22Intloko nganye elubhedu ibiziimitha ezimbini ezinesithathu ukuphakama. Yayihonjiswe jikelele ngomnatha wobhedu nangeerharnati zobhedu. Ewe, zombini zazifana, nditsho kwaneerharnati ezo.

23Bekukho iirharnati ezingamashumi alithoba anesithandathu emacaleni. Ke lona inani leerharnati eziphezu komnatha othandelweyo bezilikhulu zizonke.

Abantu bakwaJuda basiwa eBhabheli
(2 Kum 25:18-21)

24Loo ngqwayi-ngqwayi yabalindi yamthimba umbingeleli omkhulu uSeraya, kunye nombingeleli onganeno kwakhe uZefaniya, nabagcini-mnyango abathathu.

25Kwabaseleyo apho esixekweni yathatha injengele yomkhosi kunye nesixhenxe samaphakathi akomkhulu abhaqwe esixekweni. Yamthatha nonobhala wenjengele yomkhosi owayeligosa eliyintloko elalatha abomkhosi, kunye nabantu abangamashumi amathandathu ababeselapho esixekweni.

© 1996 Bible Society of South Africa.

26Bonke ke uNebhuzaradan wabathatha waya nabo kukumkani waseBhabheli
eRibhela.

27Khona apho eRibhela kwelaseHamati ukumkani lowo wathi mababulawe.
Ngaloo ndlela ke amaJuda afuduselwa ekuthinjweni, ahlukana nelizwe
lakowawo.

28Nali ke inani labantu wabafudusayo uNebhukadenezare: Kunyaka
wesixhenxe: amaJuda angamawaka amathathu anamashumi amabini
anantathu;

29kunyaka weshumi elinesibhozo elawula uNebhukadenezare: abantu
abangamakhulu asibhozo anamashumi amathathu anambini ababephuma
eJerusalem;

30kunyaka wakhe wamashumi amabini anantathu: amaJuda angamakhulu
asixhenxe anamashumi amane anantlanu athinjwe nguNebhuzaradan
ingqwayi-ngqwayi yabalindi bakomkhulu. Yayingabantu abangamawaka
amane anamakhulu amathandathu bebonke.

Ukukhululwa kukaJoyakin
(2 Kum 25:27-30)

31Ke kaloku kwathi ngonyaka wamashumi amathathu anesixhenxe
wathinjwayo uJoyakin ukumkani wakwaJuda, nyaka lowo waqala ngawo
ukulawula uEvili-merodaki ukumkani waseBhabheli, wasuka wamkhulula
uJoyakin entolongweni. Loo nto ke yenzeka ngomhla wamashumi mabini
anesihlanu kwinyanga yeshumi elinambini.

32Wathetha naye ngobulali, wamnika isihlalo sembeko esingaphezu kwezo
zabanye ookumkani awayenabo apho eBhabheli.

33Ngoko ke uJoyakin wazikhulula iimpahla zasentolongweni, waza wasoloko
esesithebeni sokumkani lonke ithuba lobomi bakhe.

34Ukumkani lowo ke wathi rhoqo ukumnika umxhesho uJoyakin, loo nto
eyenza imihla ngemihla ngabo bonke ubomi bukaJoyakin.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Izililo

Izililo 1

Umvandedwa weJerusalem

1Awu! Kusisizungu kwisixeko ebesifudula sinenyambalala yabantu, nqwa
nomhlolokazi obesakuba nodumo ezizweni. Lowo wayeyikumkanikazi
yamazwana suka waba likhobokazana ngoku.

2Uyangqukruleka elila ebusuku, izidlele zakhe zisihla iinyembezi. Kuzo zonke
izithandwa zakhe akukho simthuthuzelayo; bonke abahlobo bakhe
bamngcatshile, suka baziintshaba zakhe.

3UJuda uye ekuthinjweni, weva iinkxwaleko nokusebenza nzima. Uhleli
phakathi kweentlanga; akakufumani ukuphumla. Bamfumene bonke
abamsukelayo, bamxina macala onke.

4Zizilile iindlela ezibheka eZiyon, kuba akukho mntu uzayo kwimisitho
yakhe. Asebugxwayibeni amasango akhe; ababingeleli bakhe
babandezelekile; lusizi lodwa kumthinjana, ke yena usentlungwini ekrakra.

5Ababandezeli bakhe basuke baba ziinkosi zakhe; iintshaba zakhe azinaxhala.
Ubekwe elusizini nguNdikhoyo ngenxa yezikreqo zakhe ezininzi. Abantwana
bemkile ezweni labo, bangabathinjwa beentshaba.

6Buphele tu ubungangamsha bentombi enguZiyon. Iziphathamandla zayo
zinjengeenyamakazi ezingenadlelo; zibuthathaka zinjalo ziyasaba, zibaleka
abasukeli.

7Ngemihla yayo yenkxwaleko nokubhadula iJerusalem iyabukhumbula bonke
ubuncwane bayo bamandulo. Akubangakho mntu wakuyinceda xa abantu
bayo babesoyiswa lutshaba. Iintshaba zayo zayiwa ngeentsini zakubona
isiphelo sayo.

8IJerusalem yone kakhulu, yaza ke ngoko yaba nomlaza. Bonke ababefudula
beyihlonele basuke bayidela, kuba bebubonile ubuze bayo. Nayo itsho
ngencwina, ide izifihle ubuso.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Ukungcola kwayo kunamathele kwizivatho zayo; ayilikhumbulelanga
ikamva layo, kwaza kwakhwankqisa ukuwa kwayo. Akubangakho namnye
uyithuthuzelayo. Ithi: “Awu, Ndikhoyo, bona iimbandezelo zam; kuba kaloku
utshaba luyazigwagwisa.”

10Iintshaba zayo zibuphangile boke ubuncwane bayo; zangena ijongile
iintlanga kweyona ndawo ingcwele – abantu ongabavumelanga, Ndikhoyo,
ukuba bangene ebandleni lakho.

11Abantu bayo bonke batsho ngencwina xeshikweni behamba befuna ukutya;
bancama nempahla yabo yexabiso, befuna ukudla khon' ukuze bahlaziyeke.
Ithi: “Awu, Ndikhoyo, khangela ubone, kuba ndingodeliweyo.”

12Asilutho na kuni, nonke nina nidlula ngendlela? Khangelani nibone: ikho na
intlungu enjengeyam andihlabanisele ngayo uNdikhoyo, intlungu andihlisele
yona ngemini yokuvutha komsindo wakhe?

13Wathoba umlilo ophuma phezulu, watsho waya kufikelela ezantsi
emathanjeni. Uzithiyele ngomgibe iinyawo zam, ndatsho ndabuya umva.
Wandenza ndanesizungu, ndatyhafa imini yonke.

14Izikreqo zam zibhijelene; ziyidyokhwe isandla sikaNdikhoyo esindibophe
ngayo, zihleli zinzi entanyeni yam. INkosi iwaqobile amandla am;
indinikezele esandleni sâbo ndingenakumelana nabo.

15INkosi izibukule zonke izithwala-ndwe zam; ihlanganise umkhosi ukuze
ucumze umlisela wakowethu. INkosi iyinyhashe esixovululweni intombi
enguJuda.

16Kungoko ndisenza isimbonono, amehlo am ephalala iinyembezi. Akukho
bani ukufuphi kum ukundithuthuzela; akukho mntu uhlaziya umoya wam.
Abantwana bam baphalele kuba utshaba loyisile.

17IZiyon iyazolula izandla zayo, kodwa ayinamthuthuzeli. UNdikhoyo
wawenza umyalelo ngoYakobi wokuba abamelwane bakhe babe ziintshaba
zakhe; kubo iJerusalem yinto enezothe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

18Ulilungisa uNdikhoyo, kodwa ndiphikisene nomlomo wakhe. Phulaphulani,
nonke nina zizwe, niyibone intlupheko endikuyo. Umlisela nomthinjana
wakowethu usekuthinjweni.

19Ndakhala kwizithandwa zam, kodwa zandikhohlisa. Ababingeleli bam,
namadoda amakhulu, âtshabalala esixekweni efuna ukudla ukuze ahlaziyeke.

20Khangela, Ndikhoyo, ndibandezeleke kakhulu; amathumbu am
ayaxuxuzela. Intliziyo yam ikhathazekile, kuba ndisuke ndangenwa luvukelo.
Phandle phaya ikrele liyabhubhisa, ngaphakathi kukufa kodwa.

21Ivakele incwina yam, kodwa akakho ondithuthuzelayo. Zonke iintshaba
zam zivile ngobubi obundihleleyo; ziyagcoloda yinto ondenze yona. Ibinga
ingade ifike imini owawuyixelile, ukuze nazo zifane nam.

22Khawuyibone yonke inkohlakalo yazo, nazo uziphathe ngale ndlela
undiphethe ngayo ngenxa yazo zonke izikreqo zam. Ndincwina ndincwinile;
umxhelo wam uwile.

Izililo 2

UNdikhoyo wohlwaya iJerusalem

1Awu! Lisibekele kwintombi enguZiyon ngenxa yomsindo weNkosi. Isiphose
phantsi isihombo sikaSirayeli, sasuka ezulwini, sakhahleleka emhlabeni;
ayasikhumbula isihlalo seenyawo zayo ngomhla womsindo wayo.

2INkosi iziginye zonke izindlu zikaYakobi ingenanceba; emsindweni wayo
izidilizile iinqaba zentombi enguJuda. Ubukumkani neziphathamandla
ubukhahlele emhlabeni wabuhlazisa.

3Ekuvutheni komsindo wayo imnqumle iimpondo uSirayeli. Isirhoxisile
isandla sayo sokunene kwakuvela utshaba. Injengomlilo ovuthayo phakathi
kwaYakobi, otshisa konke phambi kwawo.

4Isityede okotshaba isaphetha sayo; isandla sayo sokunene sesilungele
ukutola oku kombandezeli. Izibulele zonke iinzwana neenzwakazi; umsindo
wayo iwuthulule okomlilo phezu kwentente yentombi enguZiyon.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5INkosi isuke yafana notshaba; imginyile uSirayeli. Iwabimbilizile onke amabhotwe akhe, yazidiliza iinqaba zakhe. Ikuphinda-phindile ukuzila nokulila kwintombi enguJuda.

6Iyichitha-chithile indlu yayo ngokungathi liphempe esitiyeni, yaza yayitshabalalisa indawo yayo yokuhlangana. UNdikhoyo wenza ukuba iZiyon iyilibale imisitho ngokunjalo neMihla yokuPhumla; ngenxa yokuvutha komsindo wakhe umbukule ukumkani kwanombingeleli.

7 UNdikhoyo ulilahlile iqonga lakhe lamadini, wasicekisa isibingelelo sakhe esisodwa. Iindonga ezikhusela amabhotwe akhe uzinikezele esandleni seentshaba; ziyaxokozela endlwini kaNdikhoyo njengangomhla womsitho.

8UNdikhoyo wagqiba ekudilizeni iindonga ezirhangqe intombi enguZiyon; wawolula umtya wokulinganisa, waza akasibamba isandla sakhe ekutshabalaliseni. Kwaba sisijwili kwiinqaba neendonga; zadilika zasuka zanyamalala.

9Amasango ayo asuke azika emhlabeni; uyaphule wayikroboza imivalo yawo. Ukumkani neziphathamandla zayo bakwelasemzini phakathi kweentlanga; umthetho awusafundiswa; abashumayeli bayo abasafumani mibono ivela kuNdikhoyo.

10Amadoda amakhulu entombi enguZiyon athe bhaxa emhlabeni ethe cwaka. Azigalele ngomhlaba entloko, abhinqa ezirhwexayo ezila; umthinjana waseJerusalem uqubude wawa ngobuso emhlabeni.

11Amehlo am akaboni ziinyembezi; amathumbu am ayaxuxuzela; ndiphelelwe sisibindi, ngenxa yokubhuqwa kwabantu bakowethu, kuba abantwana neentsana baphelelwe ngamandla ezitalatweni zesixeko.

12Babuza koonina bathi: “Siphi na isonka nesiselo?” xa besiwa isiduli ezitalatweni zesixeko, njengamadoda awoselweyo, xa beyoba besezandleni zoonina.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Ndingathetha ndithini na kuwe? Ndingakuthelekisa nantoni, ntombindini
Jerusalem? Ndingakufanisa nantoni, khon' ukuze ndikuthuthuzele,
ntombindini Ziyon? Inxeba lakho linzulu okolwandle. Ngubani
ongakunyangayo?

14Imibono yabashumayeli bakho yayingamampunge nenkohliso;
abalutyhilanga ukreqo lwakho ukuze kunqandwe ukuthinjwa kwakho.
Izihlabo abazibhekise kuwe zazibubuxoki obulahlekisayo.

15Bonke abadlula kuwe bakuqhwabela izandla; bayaphoxisa, banikina
iintloko, bekhangele kwintombi enguJerusalem, besithi: “Ngaba esi sesiya
sixeko bekufudula kusithiwa yinzwakazi egqibeleleyo, yimihlali yehlabathi
liphela?”

16Uza kuba ngundaba-mlonyeni kwiintshaba zakho zonke, ziphoxise,
zikunyevulele, zisithi: “Simginyile khona! Kunini silulindile olu suku!
Salufumana, sada salubona.”

17UNdikhoyo wenze ngokwezicwangciso zakhe; lizalisekile ilizwi lakhe
awalixela kwakudala. Ukubhukuqe engenanceba, wenza ukuba iintshaba
zakho zibe nemihlali; ewe, uluphakamisile uphondo lwababandezeli bakho.

18Abantu bakhala eNkosini, besithi: “Nina zindonga zeZiyon, iinyembezi
maziqukuqele okomfula imini nobusuku; musani ukuphumla, namehlo enu
ningawaphumzi.

19Vukani nihlahlambe ebusuku ekungeneni komlindo wobusuku; intliziyo
yenu mayiphuphume okwamanzi phambi kweNkosi. Ziphakamiseleni kuyo
izandla zenu, ngenxa yobomi babantwana benu abayobayo ngenxa yephango
ekungeneni kwazo zonke izitalato.”

20Khangela, Ndikhoyo, ubone; ngoobani owakha wabenjenje? Ingaba abafazi
mabadle inzala yabo na, abantwana ababampelesayo? Ingaba umbingeleli
nomshumayeli uthi mababulawe bafele esibingelelweni seNkosi na?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21Eluthulini lwezitalato kulele umfana nexhego; umlisela nomthinjana wakowethu ufe ngekrele. Babulewe nguwe ngomhla wengqumbo yakho, ubaxabela ungenalusini tu!

22Kwanjengaxa umemela emsithweni wenjenjalo ukufunza kum esikhumbeni; lunxunguphalo macala onke. Akukho namnye owabhungcayo wasinda ngomhla wengqumbo kaNdikhoyo; utshaba lwam lwabatshabalalisa abo bendibampelesa ndibondla.

Izililo 3

Isohlwayo nethemba

1Mna ndiyindoda eyivileyo imbandezelo ngenxa yentonga yomsindo wakhe.

2Undibhexeshile wandenza ndahamba ebumnyameni endaweni yokukhanya.

3Ewe, isandla sakhe sindijikele saphindelela imini yonke.

4Unditsho ndashwabana ulusu nenyama; uwaphule amathambo am.

5Undingqingile wandirhangqa ngeenzingo nentlupheko.

6Undenze ndahlala ebumnyameni, ndangathi ngabo bafa mandulo.

7Undibiyele macala onke ukuze ndingabi nakuphuma; undikhonxe ngamakhamandela obhedu andisindayo.

8Naxa ndikhala ndicela uncedo, uyawuthintela umthandazo wam.

9Umgaqo wam uwuvale ngamatye aqingqiweyo; iindlela zam uzenze zaba goso-goso.

10Njengebhere elaleleyo, nanjengengonyama ezifihlileyo,

11undikhuphe emendweni wandiqwenga, wandishiya apho ndingxwelerhekile.

12Wasityeda isaphetha sakhe, wandimisa ndayitekeni yeentolo zakhe.

13Undosele ngaphakathi ngeentolo zomphongolo wakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Ndaba yintlekisa yabantu bonke bakowethu, bephoxisa ngam imini yonke
ngeengoma ezingam.

15Wandikakaza ndanela imithana ekrakra, wandiseza ndahlutha umhlonyane.

16Amazinyo am uwaphule ngegrabile, wandinyhasha eluthulini.

17Ndiluhluthiwe lwemka kum uxolo, ndawalibala amathuba enkqubela.

18Ngoko ndithi: “Liphelile iwonga lam nako konke ebendithembele kuko
kuNdikhoyo.”

19Zikhumbule iimbandezelo zam nokubhadula kwam – umhlonyane
nenyongo.

20Ndahlala ndizikhumbula ezo zinto, waye umphefumlo udakumbile
ngaphakathi kum.

21Konke oku ndiya kukugcina entliziyweni yam; ngoko ke ndohlala
ndinethemba.

22Kungenxa yezibele zikaNdikhoyo singatshabalalanga nje, kuba inceba
yakhe ayinasiphelo.

23Zihlala zintsha imihla ngemihla; kukhulu ukuthembeka kwakhe.

24Umoya wam uthi: “Isabelo sam nguNdikhoyo; ngako oko ndiya kukholosa
ngaye.”

25UNdikhoyo ulungile kwabo bathembele ngaye, kwabo bamfunayo.

26Kulungile ukuthi cwaka, uthembe usindiso oluvela kuNdikhoyo.

27Kulungile ukuba umntu ayithwale kwasebutsheni bakhe idyokhwe.

28Makahlale yedwa athi cwaka, kuba uyithwaliswe nguNdikhoyo.

29Makaguqe, ubuso buthi nqo eluthulini – lisenokubakho ithemba.

30Makanikele isidlele sakhe kulowo unga angambetha, akwamkele
ukuhlaziswa, anele kuko.

31Kaloku iNkosi ayimlahli ngonaphakade umntu wayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

32Nakuba eyizisa intlungu ubuya abe nemfesane. Kaloku lungako uthando lwakhe olungazange lwaphela.

33Asingomnqweno wakhe ukuthumela imbandezelo okanye inkxwaleko koonyana babantu.

34Ukuwacumza ngonyawo onke amabanjwa emhlabeni,

35nokugqwetha ityala lomntu emehlweni kaPhezukonke,

36nokungayilamli ngobulungisa imbambano yomntu – ingaba iNkosi ayiziboni ezi zinto?

37Ngubani onokuthetha kwenzeke xa iNkosi ingamyalelanga?

38Azizi ngokutsho kukaPhezukonke na izinto ezimbi nezilungileyo?

39Kungani na ukuba umntu abe nezikhalazo lo gama esaphila, xa esohlwaywa ngenxa yezono zakhe?

40Masikhe siziphengulule sizigocagoce iindlela zethu, size sibuyele kuNdikhoyo.

41Iintliziyo zethu kunye nezandla zethu masiziphakamisele kuThixo ezulwini, sithi:

42“Sikreqile, sakuvukela, waza wena akwasixolela.”

43Wena wambethe umsindo wasisukela, wasibulala ungenanceba.

44Uzigqubuthele ngelifu ukuze kungabikho mthandazo ufikelelayo kuwe.

45Usenze inkunkuma nomququ phakathi kwezizwe.

46Zonke iintshaba zethu ziphoxisa ngathi.

47Siyangcungcutheka phakathi kwemihadi imbhubho nentshabalalo.

48Amehlo am agxiza iinyembezi kuba abantu bakowethu bayatshabalala.

49Iinyembezi ziyaqukuqela ukuphuma emehlweni am, zaye aziyi kuyeka, zingayi kunqamka,

50de uNdikhoyo akhangele esezulwini abone.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

51Endikubonayo kuwenza buhlungu umphefumlo wam ngenxa yeentombi zonke zesixeko sakowethu.

52Abo baziintshaba zam ngaphandle kwesizathu bandizingela njalo oku kwentaka.

53Bazama ukundibulala ngokundeyelisela emhadini, baza bandigibisela ngamatye.

54Andigubungela amanzi, ndada ndathi: “Kuphelile okwam!”

55Ewe, Ndikhoyo, ndilibizile igama lakho ndisezantsi emhadini.

56Undivile ndikubongoza ndisithi: “Musa ukuyivingca indlebe yakho xa ndibhenela kuwe ndicela uncedo.”

57Usondele ndakukubiza, wathi: “Musa ukoyika.”

58Ewe, Nkosi, undilamlele, wabuhlangula ubomi bam.

59Ndikhoyo, uyibonile ingcinezelo ebendikuyo; nceda undilamlele kwityala lam.

60Uyibonile indlela abaziphindezela ngayo kum, nawo onke amayelenqe abo ngam.

61Kwowu, Ndikhoyo, uzivile izinyeliso zabo nawo onke amayelenqe abo ngam.

62Iintetho neengcamango zabo zichasene nam imihla yonke.

63Bakhangele: behleli, behamba, benza amagwijo ngam.

64Ndikhoyo, babuyekeze ngokufanelekileyo ngokwezenzo zezandla zabo.

65Ziqaqadekise iintliziyo zabo, size sibe phezu kwabo isiqalekiso sakho.

66Basukele usemsindweni, ubatshabalalise baphele phantsi kwezulu likaNdikhoyo.

Izililo 4

Ukungcungcutheka kweJerusalem

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Awu! Igolide ilahlekene nobukhazikhazi; suka eyona-yona yagqola! Amatye
exabiso angcwele athe saa ekungeneni kwesitalato ngasinye.

2Umlisela oliqhayiya laseZiyon, obufudula ixabiso lawo nqwa negolide,
kodwa ngoku nqwa neembiza zomdongwe ezingumsebenzi wezandla
zombumbi.

3Neempungutye ziyancancisa, ziwondle amathole azo, kodwa abantu bam
bangqwabalala njengenciniba yasentlango.

4Iintsana zinxanwe lwada ulwimi lwee nca enkalakahleni. Abantwana
bakhalela isonka, kodwa akukho mntu ubaphayo.

5Ababefudula besitya izimuncu-muncu ngoku bazula-zula ezitalatweni
behlwempuzekile. Ababekhula benxiba ezimbeje-mbeje namhla bagqusha
eluthuthwini.

6Isikreqo sabantu bakowethu singaphaya kwesono saseSodom, yona
yadilizwa ngequbuliso kungekho bani ufake isandla.

7Iinkosana zayo zazikhanya ngaphezu kwekhephu, zimhlophe kunobisi,
imizimba yazo ibukeka ngaphezu kweerubhi, zinomkhitha okwesafire.

8Kodwa ngoku zimnyama kunomsizi; azaziwa xa zihamba esitalatweni. Ulusu
lwazo lushwabene lwathi nca emathanjeni; lome okweenkuni.

9Banethamsanqa abafe ngekrele kunabo babulewe yindlala; bayaphela
ngenxa yephango, kuba akukho kudla emasimini.

10Abafazi ababesakuba nemfesane babapheke ngezabo izandla abantwana
babo, baba kukudla kwabo ngexesha lokutshatyalaliswa kwabantu
bakowethu.

11 UNdikhoyo uyikhuphe yaphelela ingqumbo yakhe; uwuthulule umsindo
wakhe ovuthayo. Uwuphembile umlilo eZiyon, wazitshisa iziseko zayo.

12Iikumkani zehlabathi zazingakholwa, nditsho nkqu abemi bonke
belimiweyo, ukuba iintshaba nababandezeli bangaze bangene emasangweni
eJerusalem.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Kodwa ke kwenzekile oko ngenxa yezono zabashumayeli bayo, nezikreqo
zababingeleli bayo, abaliphalaze kuyo igazi lamalungisa.

14Ngoku baphampatha ezitalatweni okwabantu abaziimfama. Igazi
libadyobhe kangangokuba akukho mntu unga angazichukumisa izambatho
zabo.

15“Mkani; nigqwalisekile!” batsho abantu kubo. “Sukani; sukani; ningakhe
nilinge ukusondela kuthi!” Bakuba bebhacele ezintlangeni zona ziya kuthi
ngabo: “Abanakuhlala apha.”

16Ubachitha-chithe ngokwakhe uNdikhoyo; uyekile ukubalondoloza.
Abasahlonelwa ababingeleli; akasajongelwe nto amadoda amakhulu.

17Amehlo ethu ade amfiliba kukujonga uncedo olungekhoyo; simi bhuxe
kwiimboniselo zethu, sijonge uhlanga olungenako ukuhlangula.

18Sichwechwelwa ngamadoda asizingelayo ngokokude singabi nakuhamba
ezitalatweni zethu. Sisondele isiphelo sethu; ifinciwe imihla yethu; ewe,
sifikile isiphelo sethu.

19Ababesisukele babenesantya ngaphezu kwesokhozi; basileqa ezintabeni,
basilalela entlango.

20Umthanjiswa kaNdikhoyo, obubomi nomphefumlo wethu, wabanjiswa
emigibeni yabo. Thina besiba xa siphantsi kwesithunzi sakhe soba ngabantu
phakathi kwezizwe.

21Yiba nemihlali uvuye, ntombi enguEdom, wena ohlala elizweni laseUze.
Phofu nawe uza kuyirhabula le ndebe; uya kunxila uzihlube uhambe ze.

22Wena ntombindini enguZiyon, siza kufikelela esiphelweni isohlwayo sakho;
akuyi kolulwa ukuthinjwa kwakho. Kodwa, ntombindini enguEdom, úya
kukohlwaya ngesikreqo sakho, ayityhile inkohlakalo yakho.

Izililo 5

Umthandazo wokucela inceba

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1 Ndikhoyo, yikhumbule into eyenzekileyo kuthi; jonga ukubone ukuhlaziswa kwethu.

2Ilifa lethu linikwe abasemzini, izindlu zethu zanikwa abangeneleli.

3Saba ziinkedama ezingenayise, basuka oomama bafana nabahlolokazi.

4Siwathenga ngemali amanzi okusela, ngokunjalo neenkuni siyazihlawulela.

5Abasitshutshisayo basibambe ngobhongwana; sidiniwe kodwa asikuzuzi ukuphumla.

6Solulela izandla kwiJiputa kwaneAsiriya, khon' ukuze sihluthe sisonka.

7Kone oobawo, kodwa abasekho; ngoku thina sithwele iziphumo zezikreqo zabo.

8Silawulwa zizicaka; akukho namnye onokusihlangula ezandleni zazo.

9Ukutya sikuzuza ngokubeka ubomi bethu esichengeni ngenxa yekrele elisentlango.

10Ulusu lwethu lutshisa okweziko ngenxa yefiva ebangwa yindlala.

11Abafazi badlwengulwe eZiyon, ngokunjalo iintombi ezidolophini zakwaJuda.

12Iziphathamandla zixhonywe ngezandla zazo; akahlonelwa amadoda amakhulu.

13Amadodana abila esoma ngamatye okusila; abafana basindeka phantsi kweenyanda zeenkuni.

14Amadoda amakhulu akasekho emasangweni esixeko; abafana bayiyekile ingoma.

15Iintliziyo zethu azinamihlali; sizilile endaweni yokuxhentsa.

16Isithsaba siwile ezintlokweni zethu. Athi ke thina, sonile!

17Ngenxa yoko zitsho zatyhafa iintliziyo zethu; ngenxa yezo zinto abona mfiliba amehlo ethu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

18Kaloku intaba yeZiyon yinkangala; seyisisikhundla seempungutye.

19Wena, Ndikhoyo, uhleli ngonaphakade; ulawulo lwakho luhlala luhleli izizukulwana ngezizukulwana.

20Kungani ukuba usoloko usilibala? Kungani ukuba usilahle ithuba elingaka?

21Sibuyisele kuwe, Ndikhoyo, ukuze nathi siguquke; sihlaziye njengakwimihla yamandulo.

22Ngaba usilahle kwaphela na, wasiqumbela ngokukhulukazi?

© 1996 Bible Society of South Africa.

UHezekile

UHezekile 1

UHezekile ubona ubuqaqawuli bukaNdikhoyo

1Ke kaloku ngomhla wesihlanu kwinyanga yesine yonyaka wamashumi
amathathu kwathi ndihleli nabanye abathinjwa phezu komlambo oyiKebhare,
asuka avuleka amazulu, ndaza ndabona imibono ephathelele kuThixo.

2Ngomhla wesihlanu enyangeni, ngonyaka wesihlanu wokuthinjwa
kukakumkani uYoyakin,

3lafika ilizwi likaNdikhoyo kuHezekile umbingeleli, unyana kaBhuzi,
engasemlanjeni oyiKebhare kwilizwe lamaKaledi. Kanye ngelo xesha ke
wonganyelwa ngamandla kaNdikhoyo.

4Ndathi ndakujonga ndabona umbono: Nâso isiphotshongwane sesaqhwithi
sivela ngasentla, sitsho ngelifukazi elitshawuza umlilo, lithe wambu
ubuqaqawuli. Emlilweni apho kwakudangazela into engathi sisinyithi esitshe
sada sabomvu.

5Kwalapho kwakukho isine sezidalwa eziphilayo, ezimilise okomntu.

6Ngasinye kuzo sasinobuso obumacala mane namaphiko amane.

7Imilenze yazo yayithe tswi, iinyawo zifana namanqina ethole. Zazibengezela
okobhedu olugudisiweyo.

8Zazinezandla zomntu phantsi kwamaphiko macala omane. Zone izidalwa
zazinobuso namaphiko.

9Ayayamene ngamacala amaphiko. Isidalwa ngasinye sasihamba ngqo,
singajika-jiki.

10Babunje ubuso bazo: Ngasinye kuzo sasinobuso bomntu, nobuso
bengonyama kwicala lasekunene, nobuso benkabi yenkomo kwicala
lasekhohlo, kwanobuso bokhozi.

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11Babunjalo ke ubuso bazo. Amaphiko ayetwezwe ajonga phezulu. Amaphiko amabini esidalwa ngasinye ayeyamene ngamacala nawezinye izidalwa, kodwa amabini ethe wambu umzimba.

12Isidalwa ngasinye sasihamba ngqo, singajika-jiki, sisiya kwelo cala sikhokelelwa kulo nguMoya.

13Ngokwembonakalo ezi zidalwa ziphilayo zazingathi ngamalahle avuthayo okanye izikhanyisi ezidangazelayo. Idangatye lomlilo lalisithi likwesi isidalwa libe likwesiya, kutshawuza nemibane kulo.

14Izidalwa zazisenza amatshe okombane, zithi ziphambili zibe zibuyela emva.

15Ndakuzondela izidalwa eziphilayo ndabona ivili limi emhlabeni ngakwisidalwa ngasinye esinobuso obunxa-ne.

16Yayinje imbonakalo yokwakheka kwamavili: Ayefana ncam, onke eqaqambe okwekrisolite. Ivili ngalinye laba ngathi linqumleze elinye ivili.

17Xa zihamba zazisiya nakwiliphi na icala kumacala omane ezazijonge kuwo izidalwa, amavili engajika-jiki naxa zihambayo izidalwa.

18Iifeleni zamavili zaziphakamile zisoyikeka, zinamehlo ngeenxa zonke.

19Bezisithi zakuhamba izidalwa eziphilayo, nawo amavili emi ngakuzo ahambe; zithi zakuphakama emhlabeni izidalwa, nawo amavili aphakame emhlabeni.

20Izidalwa bezisiya apho zikhokelelwa khona nguMoya, ngokunjalo namavili, kuba uMoya olawula izidalwa eziphilayo ezo yayikwangulo uqhuba amavili.

21Bezisithi izidalwa zakusuka, nawo amavili asuke; zithi zakuma bhuxe, nawo eme bhuxe; zithi zakuphakama emhlabeni izidalwa, nawo amavili aphakame emhlabeni, kuba uMoya olawula izidalwa eziphilayo ezo yayikwangulo uqhuba amavili.

22Phezu kweentloko zezidalwa eziphilayo kwakukho into efana nesibhakabhaka. Yayinkulu, imangalisa, imenyezela okomkhenkce.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

23Iseso isidalwa esiphilayo sawatwabulula amaphiko aso phantsi kwesibhakabhaka eso, aza amaphiko amabini ayamana nawezinye izidalwa, amabini asala ethe wambu umzimba.

24Zathi zakushukuma izidalwa, ndasiva isandi samaphiko azo, saba ngathi sisandi samanzi agqumayo,safana nezwi likaSomandla, sanjengengxokozelo yomkhosi. Zakuma zawasonga amaphiko.

25Zathi zimi njalo ziwasongile amaphiko, kwavakala ilizwi, liphuma esibhakabhakeni ngasentla kweentloko zazo.

26Kwakho nto ifana nesihlalo sesafire sokumkani esithe zinzi esibhakabhakeni, kungqendeve kuso into enembonakalo yomntu.

27Ndaphawula ukuba ukusuka esinqeni kunyuke yayibonakala ngathi sisinyithi esitshe sada sabomvu, kanti ukuhla yayibonakala ingumlilo, iyonke irhangqwe kukukhanya okuqaqambileyo.

28Oku kukhanya nqwa nomnyama emafini mhla kunayo. Nguwo lowo ke umbono wobuqaqawuli nobungangamsha bukaNdikhoyo.

Ukuthunywa kukaHezekile

Ndithe tywaa phantsi ngesisu ndakuwubona lo mbono, ndaza ndeva ilizwi lothethayo,

UHezekile 2

1lisithi: “Mntundini, vuka ume ngeenyawo, ukuze ndithethe nawe.”

2Uthe esathetha njalo ndangenwa nguMoya owasuka wandiphakamisa ndema ngeenyawo, ndaza ndamva ebhekisa kum,

3esithi: “Mntundini, ndikuthuma kumaSirayeli, isizwe sabavukeli esindivukeleyo; wona nooyise andivukele kwada kwanamhlanje.

4Aba bantu ndikuthuma kubo bayadelela, banenkani. Yithi kubo: ‘Itsho iNgangala enguNdikhoyo: ...’

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5Ewe, uze utsho nokuba bayaphulaphula, okanye abaphulaphuli. Kaloku bayadelela. Kambe ke baya kuqonda ukuba kufike umshumayeli phakathi kwabo.

6Wena ke, mntundini, uze ungaboyiki, neentetho zabo ungazoyiki. Maze ungoyiki naxa uphakathi korhalajana nobobo. Naxa sewuhlala nabanjengoonomadudwane uze ungoyikiswa zizinto abazithethayo nazizigrogriso zabo, kuba basisizwe esinenkani.

7Uze uluxele udaba lwam kubo nokuba bayakuphulaphula okanye abaphulaphuli, kuba kaloku bangabavukeli.

8Wena ke, mntundini, phulaphula endikuxelela kona. Ungandivukeli uxele esi sizwe sabavukeli; vula umlomo wakho, utye endikunika kona."

9Ndathi ndakujonga ndabona isandla solulelwe ngakum. Sasiphethe incwadi esongwayo,

10saza ke sayicombulula phambi kwam. Macala omabini kwakubhalwe amazwi asisikhalo nesijwili nesingqala.

UHezekile 3

1Wathi: "Mntundini, yitye le nto uyifumeneyo, nditsho le ncwadi isongwayo, wandule uhambe uye kuthetha nendlu kaSirayeli."

2Ndawuvula ke umlomo, wandinika incwadi esongwayo khon' ukuze ndiyitye.

3Waza wathi kum: "Mntundini, yitye le ncwadi ndikunika yona, uzalise umbilini wakho." Nam ke ndayitya, yatsho yanencasa njengobusi emlonyeni wam.

4Waza wathi kum: "Mntundini, hamba uye kwindlu kaSirayeli, uthethe amazwi am kubo.

5Andikuthumi kubantu abantetho ingavakaliyo nabalwimi lunzima ukululandela, kodwa ndikuthuma kwindlu kaSirayeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6Ewe, andikuthumi ezintlangeni, zona zintetho ingavakaliyo nezilwimi lungalandelekiyo, ongasuka ungàyiva into eziyithethayo. Ngokwenene ukuba bendikuthume kuzo beziya kukuphulaphula.

7Kodwa indlu kaSirayeli ayivumi kuphulaphula, kuba ayifuni kundimamela. Kaloku yonke indlu kaSirayeli ilukhuni, inenkani.

8Nawe ndiza kukwenza ube nenkani, ube lukhuni njengabo.

9Ewe, ndiza kukwenza ube lukhuni njengelona litye lilukhuni; ube lukhuni ngaphezu kwelitye lenyengane. Musa ukoyika, ungòthuswa zizoyikiso zabo; kaloku bayindlu yabavukeli."

10Waza wathi kum: "Mntundini, phulaphula kakuhle, uze uwagcine onke amazwi endiwathetha kuwe.

11Hamba ke ngoku, uye kumawenu angabathinjwa, uthi kuwo: 'Itsho iNgangalala enguNdikhoyo: ...' Ewe, yitsho nokuba ayaphulaphula, okanye akaphulaphuli."

12Wasuka uMoya wandifunqula, ndaza ndeva isandikazi sizongoma emva kwam: "Mabudunyiswe ubungangamsha bukaNdikhoyo ekhayeni lakhe!"

13Isandi sokukhuhlana kwamaphiko ezidalwa eziphilayo, nesandi samavili emi ngakuzo, yaba sisandikazi esizongomayo.

14Wasuka uMoya wandifunqula, wemka nam, ndemka ndijijitheka, ndikhathazekile, ndonganyelwe ngamandla kaNdikhoyo.

15Ndafika apho babehlala khona abathinjwa eTelabhibhi, kufuphi nomlambo iKebhare. Ndaya ndahlala phantsi phakathi kwabo iintsuku ezisixhenxe, ndikhwankqisiwe.

Isilumkiso kumaSirayeli
(Hez 33:1-9)

16Lafika kum ilizwi likaNdikhoyo emva kweentsuku ezisixhenxe, lathi:

17"Mntundini, ndikwenze umlindi wendlu kaSirayeli; ngako oko ndiphulaphule, uze uwalumkise egameni lam.

© 1996 Bible Society of South Africa.

18Xa ndisithi kumntu okhohlakeleyo: ‘Wena uza kufa,’ waza wena akwamlumkisa okanye akwamkhalimela ukuze ahlukane nobugwenxa khon' ukuze aphile, ngokwenene loo mntu ukhohlakeleyo uya kufa ngenxa yezono zakhe, kodwa ityala lokufa kwakhe ndolixhoma phezu kwakho.

19Kambe ukuba uthe wamlumkisa ngenxa yenkohlakalo yakhe, waza akajika kubutshijolo bakhe, úya kufa ngenxa yenkohlakalo yakhe, kodwa wena uya kusinda.

20“Kwakhona ukuba umntu olilungisa uthe waphambuka kubulungisa bakhe, wenza isono, ndaza ndambeka emngciphekweni, uya kufa. Ewe, ukuba akumnqandanga uya kufela isono sakhe, nemisebenzi yakhe yobulungisa ilityalwe. Ke lona ityala lokufa kwakhe ndolixhoma phezu kwakho.

21Kodwa ukuba uthe wamlumkisa umfo olilungisa ngesono asenzayo, waza wakuva, ngokwenene úya kudla ubomi, nawe ke usinde.”

22Amandla kaNdikhoyo andongamela ndiselapho, waza wathi kum: “Phakama, uhambe uye ethafeni, apho ndiza kuthetha nawe khona.”

23Nam ke ndaphakama, ndaya ethafeni. Babumi apho ubuqaqawuli bukaNdikhoyo bunjengobuqaqawuli endabubona phezu komlambo iKebhare, ndasuka ndacambalala.

24Wangena kum uMoya, wandimisa ngeenyawo. Wathetha nam wathi: “Hamba uye kuzivalela endlwini yakho.

25Wena, mntundini, baza kukubophelela ngeentsontelo, khon' ukuze ungabi nako ukuya kubo.

26Mna ke ulwimi lwakho ndiya kulwenza luthi nca enkalakahleni yomlomo wakho, ukuze ungakwazi ukuthetha ubakhalimele, kuba bangabantu abangabavukeli.

27Kodwa ndakuthetha nawe ndiya kuwuvula umlomo wakho. Uze ke uthi kubo: ‘Itsho iNgangalala enguNdikhoyo: ...’ Ewe, uze utsho nokuba bayaphulaphula, okanye abaphulaphuli. Kaloku bayindlu yabadelelayo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

UHezekile 4

Umqondiso wokungqingwa kweJerusalem

1Wathi kum uNdikhoyo: “Ngoku ke, mntundini, thatha isitena, usibeke
phambi kwakho, uze uzobe isixeko saseJerusalem kuso.

2Wakugqiba uze usirhangqe ngezinto zokungqinga: yakha isithambeka sithi
nca kuso, usijikeleze ngeekampu zamajoni, uze usirhangqe ngezigodo
zokudiliza iindonga.

3Wakuba wenjenjalo uzuthathe intsimbi emcaba, uyibeke njengodonga
phakathi kwakho nesixeko, ujike ujonge kuyo. Ngaloo ndlela ke uya kuba
usingqingile isixeko. Le nto ke iya kuba ngumqondiso kwindlu kaSirayeli.

4“Ngoku ke ngqengqa ngecala lasekhohlo, ube ngokwenjenjalo usithabathele
kuwe isono sendlu kaSirayeli. Esi sono ke siya kuba sesakho zonke iintsuku
ulele ngecala.

5Ndikusikele iintsuku ezinani lilingana nenani leminyaka yokreqo lwendlu
kaSirayeli. Ngoko ke uya kusithwala isono sayo iintsuku ezingamakhulu
amathathu namashumi alithoba.

6“Wakuba ukufezile oku, uze uphinde ungqengqe, kodwa ngoku ngecala
lasekunene, ube ngokwenjenjalo usithabathela kuwe isono sendlu kaJuda.
Ndikusikele iintsuku ezingamashumi amane; usuku ngalunye lumele unyaka.

7Jika ujonge kwiJerusalem engqingiweyo, ukhomba-khomba oku
komshumayeli.

8Mna ndiya kukubophelela ngeentsontelo, ukuze ungabi nako ukuguquka de
ziphele iintsuku zokungqinga kwakho.

9“Thatha ingqolowa nerhasi, iimbotyi neelentile, imíleti nespeliti, uzigcine
engqayini ukuze wenze ukutya ngazo. Uya kutya oku kutya ngeentsuku
ezingamakhulu amathathu namashumi alithoba ulele ngecala.

10Uze wenze umlinganiselo onganeno nje kwekota yekhilogram yokutya
omawukutye ngosuku ngamaxesha amiselweyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Kwakhona uya kwenza umlinganiselo ongaphezulwana kwesiqingatha selitha yamanzi oya kuwasela ngamaxesha amiselweyo.

12Oku kutya kugcade ngomlilo wamalongwe omntu, abantu bejongile, ukutye ngokungathi utya iqebengwana lerhasi.”

13Waza wathi uNdikhoyo: “Baya kwenjenjalo abantu bakwaSirayeli ukudla ukutya okungcolileyo xa bephakathi kweentlanga endiya kubasarhaza phakathi kwazo.”

14Ndathi ke mna: “Makungabi njalo, Ngangalala Ndikhoyo! Mna andizange ndilenze isikizi elinje. Ebutsheni bam kude kube ngoku andizange ndiyitye inyama yento efileyo okanye eqwengwe ngamarhamncwa. Andizange ndayifaka kowam umlomo inyama engàtyiwayo.”

15“Kulungile ke,” utshilo. “Ndiyavuma ukuba isonka sakho usigcade ngomlilo wamalongwe enkomo endaweni yamalongwe omntu.”

16Waza wathi kum: “Mntundini, ndiza kukunqamla ukungena kokutya eJerusalem. Abantu baya kufumana umxhesho wokutya namanzi, bahlale exhaleni nasekumatshekeni.

17Ukutya namanzi aya kunqaba. Baya kukhamnqa xa omnye ejonge omnye; baya kungcungcutheka ngenxa yesono sabo.”

UHezekile 5

UHezekile uzigugula iinwele neendevu

1Wathi kum uNdikhoyo: “Ngoko ke, mntundini, thatha ikrele elibukhali, ususe ngalo iinwele zakho neendevu zakho ngokungathi liyimela yokugugula. Uze uthathe isikali, wenze imilinganiso ngemilinganiso yeenwele ezo.

2Kuya kuthi zakuphela iintsuku zorhangqo usitshise ngomlilo isithathu seenwele phakathi esixekweni; esinye isithathu ujikeleze naso ngaphandle kwesixeko, uhambe usinqunqa ngekrele; esokugqibela usilahle simke nomoya. Kaloku ndiya kuwaleqa ndiqhiwulé ikrele lam.

3Uze ushiye iinwele ezimbalwa, uzifihle emgobeni wengubo yakho.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Uze uthathe zibe mbalwa kwezi, uziphose emlilweni zitshe. Umlilo uya
kuqala apho, unwenwele kuyo yonke indlu kaSirayeli.”

5Ithi iNkosi uNdikhoyo: “Le yiJerusalem endiyibeke phakathi kweentlanga,
yaza yarhangqwa ngamazwe.

6Kodwa ngenxa yenkohlakalo yayo iyivukele imithetho nemimiselo yam
nangaphezu kweentlanga namazwe ayirhangqileyo. Iyibukule imithetho yam,
yayityeshela imimiselo yam.

7“Ngako oko ithi iNkosi uNdikhoyo: ‘Ube nobutshijolo ngaphezu kweentlanga
ezikurhangqileyo, waza wayityeshela imimiselo yam, akwayithobela
imithetho yam. Uyalabalaba nakumgangatho weentlanga ezikurhangqileyo.’ ”

8Yaqhuba iNgangalala iNkosi uNdikhoyo yathi: “Ke ngoko mna ngokwam
ndiyalwa nawe, Jerusalem, ndaye ndiza kukohlwaya iintlanga zijongile.

9Ngenxa yamasikizi owenzileyo, kuwe ndiza kwenza into endingazange
ndayenza ngaphambili, endingayi khuphinda ndiyenze nanini na.

10Ewe, kuwe ooyise baya kudla abantwana babo, abantwana badle ooyise.
Ndiya kukohlwaya, ndize amasalela ndiwasarhaze emoyeni.

11Mna ngokwam ndiyafunga, itsho iNkosi uNdikhoyo, njengokuba ungcolise
isibingelelo sam esingcwele ngezithixo zakho ezinezothe nangezenzo zakho
ezingamasikizi, ndiza kuzirhoxisa iimfefe zam kuwe; andiyi kuba
naluvelwano.

12Isahlulo sesithathu sabantu bakho siya kufa ngubhubhani okanye
sitshabalale yindlala phambi kwakho; esinye isithathu siya kubulawa
ngekrele ngaphandle kweendonga zesixeko; esokugqibela isithathu ndiya
kusisarhaza emoyeni, ndisileqe ndiqhiwulé ikrele lam.

13“Emva koko ke uya kuphela umsindo kum, nokuqumba kuthothe, kuba
ndiya kuba ndiziphindezele. Xa ingqumbo yam ndiyikhuphele kubo baya
kwazi ukuba mna Ndikhoyo ndithethile ndiqhutywa likhwele lam.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14“Ndiya kukwenza ube ngophaleleyo nesigculelo seentlanga ophakathi
kwazo kwanâbo badlula ngendlela.

15Uya kuba ngumqondiso osisigculelo nentlekisa nesikizi kwabo uhleli
phakathi kwabo, xa ndikohlwaya ngomsindo nangengqumbo, ndikukhalimela
kabukhali. Mna Ndikhoyo ndithethile.

16Iintolo zam endinitshabalalisa ngazo yindlala. Ewe, ndiya kuyandisa indlala
kuni ngokuvala ningakuzuzi ukudla.

17Ndiya kunithumela ngendlala namarhamncwa, nize nisale
ningenabantwana. Niya kuba sisisulu sikabhubhani nokuphalala kwegazi,
kuba ndiya kulithumela kuni ikrele. Mna Ndikhoyo ndithethile.”

UHezekile 6

Ukuchaswa konqulo-zithixo

1Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

2“Mntundini, zikhangele iintaba zakwaSirayeli, ushumayele uzikhalimele,

3uthi: Zintabandini zakwaSirayeli, liveni izwi leNkosi uNdikhoyo. Ithi
iNgangalala uNdikhoyo kwiintaba neenduli, iingxingwa neentlambo: Ndiza
kunibetha ngemfazwe, ndizitshabalalise iindawo zenu zonqulo
eziphakamileyo.

4Ndiza kuwadiliza amaqonga enu amadini, ndiwatyumze amaqonga enu
eziqhumiso; ndiza kubatyakatya ngekrele abantu benu bawe phambi
kwezithixo zenu.

5Izidumbu zamaSirayeli ndiza kuzifumba phambi kwezithixo zawo, ndize
amathambo awo ndiwasarhaze ajikeleze amaqonga enu.

6Nakuyiphi na indawo enimi kuyo izixeko ziya kutshatyalaliswa, zize iindawo
zonqulo eziphakamileyo zidilizwe, khon' ukuze amaqonga enu amadini
aqhekezwe, nezithixo zenu zityunyuzwe, namaqonga eziqhumiso achitha-
chithwe, zide ziphele tu izinto ebenizenze ngezandla zenu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Abantu baya kugeqwa likrele phakathi kwenu, ukuze niqonde ukuba mna
ndinguNdikhoyo.

8“Kodwa abanye ndiya kubasindisa, kuba bakho abaya kusaba lingabazuzi
ikrele ngeli xesha nisarhazwe kwezinye izizwe namazwe.

9Ke abo bathe bengabathinjwa basinda, baya kukukhumbula ukukhathazeka
kwam ngenxa yokungathembeki kwabo, ngokundinikela umva, benqwenela
izithixo zabo. Baya kuzizonda ngenxa yobugwenxa babo nangawo onke
amanyundululu abo.

10Baya kundazi ukuba mna ndinguNdikhoyo, andifananga ndabatyityimbisela
umnwe ukuba ndiya kubahlisela esi sithwakumbe.

11“Ithi iNgangalala iNkosi uNdikhoyo: Betha ngesandla sakho, ungqishe
ngonyawo, uthi: ‘Yeha!’ ngenxa yamanyundululu endlu kaSirayeli, kuba baya
kufa ngekrele, ngendlala, nangobhubhani.

12Okude uya kufa ngobhubhani; okufutshane uya kufa ngekrele; othe wasinda
uya kufa yindlala. Ndiya kwenjenjalo ke xa ndiwukhuphela kubo umsindo
wam.

13Baya kundazi ukuba ndinguNdikhoyo xa bebona izidumbu zâbo bafe
ngekrele zidunduluze phakathi kwezithixo namaqonga abo, nakuzo zonke
iinduli eziphakamileyo, nasezincotsheni zeentaba, naphantsi kwemithi
nemioki – apho babesenzela izithixo zabo iziqhumiso ezivumba limnandi.

14Ndiya kusolula isandla, umhlaba ndiwubharhise ukusuka ezantsi entlango
kuye eDibla kumantla – nditsho kuzo zonke iindawo ezimiwe ngabo. Ewe,
baya kundazi ukuba ndinguNdikhoyo.”

UHezekile 7

Sifikile isiphelo

1Ndeva ilizwi likaNdikhoyo

2lisithi: “Mntundini, ithi iNkosi uNdikhoyo kwilizwe lakwaSirayeli: “Isiphelo!
Isiphelo sifikile kwiimbombo zone zomhlaba!

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Mhlabandini, sifikile ngoku isiphelo sakho, kwaye ndiza kukubasela ngomsindo wam; ndiza kukugweba ngokwezenzo zakho, ndiziphindezele ngenxa yamasikizi owenzileyo.

4Andiyi kuba naluvelwano, ndingayi kuba nayo nenceba, koko ndiya kukubuyekeza ngenxa yezenzo zakho, uchanwe ngamanyundululu akho. Uya kutsho uqonde ukuba ndinguNdikhoyo.

5“INkosi uNdikhoyo ithi: “Intlekele! Nants' intlekele! Nants' ifikile!

6Isiphelo sifikile! Isiphelo sigalelekile! Siyakugragramela! Ewe, sifikile!

7Intshabalalo igalelekile, mmindini weli lizwe. Ixesha lixheshile! Imini seyisondele; endaweni yovuyo yidyudyu ezintabeni.

8Ndowukhuphela kuwe umsindo wam, ndiyiphelisele kuwe ingqumbo yam; ndiya kukohlwaya ngezenzo zakho, ndikubuyekeze ngamanyundululu akho.

9Andiyi kuba naluvelwano, ndingayi kuba nayo nenceba, koko ndiya kukubuyekeza ngenxa yezenzo zakho, uchanwe ngamanyundululu akho. Uya kutsho uqonde ukuba ndim mna Ndikhoyo ogqebhayo.

10“Lufikile usuku! Ewe, lufikile! Intshabalalo ithe momfu; intonga iqhakazile, ikratshi lidubule!

11Ugonyamelo luyintonga yokohlwaya inkohlakalo; akukho namnye oya kusinda – nditsho nkqu ubutyebi, nantoni na yexabiso.

12“Ixesha lixheshile; imini ifikile! Phantsi imincili kumthengi, umthengisi angabi lusizi, kuba ingqumbo isifikele isihlwele.

13Umthengisi akayi kuwubuyiselwa umhlaba wakhe nokuba usaphila nomthengi, kuba awuzukujikwa umbono oxela intshabalalo yesihlwele. Akukho namnye oya kuba nako ukusindisa ubomi bakhe, kuba kaloku akukho namnye ungonanga.

14Bangade balivuthele ixilongo, baxhobe bafe amacala, kodwa akukho namnye oya kulilwa idabi, kuba ingqumbo yam iphezu kwesihlwele siphela.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15“Likrele kongaphandle; kongaphakathi ngubhubhani nendlala. Abasemaphandleni baya kubulawa ngekrele; abasesixekweni baya kubhuqwa yindlala nangubhubhani.

16Bonke abasindileyo basaba baya kubalekela ezintabeni, bekhala njengamahobe asezintlanjeni, bekhala ngenxa yezono zabo.

17Ziya kuwa zonke izandla, amadolo abe nengevane.

18Baya kunxiba amarhonya, bagubhe kukoyika. Baya kuba manyonywana, bazixhwithe iinwele zabo.

19Baya kuyilahla ezitalatweni isiliva yabo, igolide ifane nento emdaka. Abayi kusindiswa yigolide nesiliva yabo ngomhla wengqumbo kaNdikhoyo. Abayi kuyidla xa belambile; kaloku yiyo ebakhubekisileyo.

20Bebeqhayisa ngezihombo zabo ezimbeje-mbeje, bezisebenzisa ekwenzeni izithixo zabo ezinezothe nemifanekiso engamasikizi. Ngako oko ndiya kuziguqula zibe njengento emdaka kubo.

21Ndiya kuzinika abasemzini, zibe lixhoba labo; ewe, zibe lixhoba lezikhohlakali zomhlaba, zona ziya kuzixabhela.

22Ndoval' amehlo, bayigqwalisele indawo yam endiyixabise kunene; abaphangi bongena bayixabhele.

23“Lungisani amatyathanga, kuba ilizwe lithe mome ligazi, isixeko songanyelwe lugonyamelo.

24Ndiya kuza nezona zizwe zikhohlakeleyo, zithimbe izindlu zabo; ndiya kuliphelisa ikratshi labanamagunya, neendawo zabo zonqulo ziya kuxabheleka.

25Lwakufika unxunguphalo, baya kufuna uxolo, lube lungafumaneki.

26Yoba yintlekele emva kwenye, ibe ngamavuso ngamavuso. Baya kufuna isikhokelo kumshumayeli; ibe ingasavakali ndawo imfundiso-mthetho yombingeleli, amacebiso amadoda amakhulu anyamalale.

© 1996 Bible Society of South Africa.

27“Iya kuzila ikumkani, itshawe lincame mpela, ziwe phantsi izandla zabemi belizwe. Ndiya kubangcamlisa iindlela zabo; ewe, ndibohlwaye ngomgangatho wabo. Baya kuqonda ukuba ndinguNdikhoyo.”

UHezekile 8

Unqulo-zithixo endlwini kaThixo

1Ngonyaka wesithandathu, ngosuku lwesihlanu kwinyanga yesithandathu, ndandihleli endlwini yam, amadoda amakhulu akwaJuda ethe qwelele phambi kwam, ndaza ndonganyelwa ngamandla eNkosi uNdikhoyo.

2Ndajonga, ndaza ndabona into efana nomntu. Yayingathi ngumlilo ukusuka esinqeni kuhle; ukunyuka yayiqaqambe okwesinyithi esitshe sada sabomvu.

3Yolula loo nto yayingathi sisandla, yandithi hlasi ngesihlwitha. UMoya wanditsho ndaphakathi komhlaba nezulu, ndaza ngokombono kaThixo ndasiwa eJerusalem kwisango elingentla yeyona nkundla iphakathi apho kwakumi isithixo esasixhokonxa ikhwele likaNdikhoyo.

4Apho phambi kwam ndabona ubuqaqawuli boThixo kaSirayeli obufana nqwa nobuya ndabuboniswa ethafeni.

5INkosi yathi kum: “Mntundini, khangela ngasentla.” Ndaza ndajonga, ndabona isithixo esixhokonxa ikhwele likaNdikhoyo simi kufuphi neqonga lamadini ngakwisango langentla.

6INkosi yathi kum: “Mntundini, uyayibona into abayenzayo – intlondi eyenziwa yindlu kaSirayeli apha, izinto eziza kundigxotha kwisibingelelo sam esisodwa? Kanti ke useza kubona nawona manyundululu.”

7Yaza yandibeka esangweni lenkundla. Ndajonga ndabona umngxuma eludongeni.

8Yathi ke kum: “Mntundini, ngoku ke gqobhoza eludongeni.” Nam ke ndagqobhoza, ndaza ndabona umnyango apho.

9Yathi kum: “Ngena ubone amanyundululu abawenzayo apha.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

10Ndaza ke ndangena, ndajonga, ndabona eludongeni kukrolwe imifanekiso
yezilo ezirhubuluzayo nezilwanyana ezinezothe nazo zonke izithixo ezisuke
zanqulwa yindlu kaSirayeli.

11Phambi kwazo kwakumi amashumi asixhenxe amadoda amakhulu endlu
kaSirayeli, phakathi kwawo kukho uYazaniya unyana kaShafan. Nganye
kuwo yayiphethe isitya esinesiqholo, kuso kunyuka umsi.

12Yathi kum iNkosi: “Mntundini, ukubonile okwenziwa ngamadoda amakhulu
endlu kaSirayeli emnyameni? Yileyo naleyo isegumbini lesithixo sayo. Athi:
‘UNdikhoyo akasiboni; uNdikhoyo ulilahlile eli lizwe.’ ”

13INkosi iqhube yathi: “Uza kubabona besenza izinto ezinezothe ngaphezu
kwezi.”

14Indise kwisango elingentla lendlu kaNdikhoyo, ndaza ndabona abafazi
behleli bezilele isithixo uTamuzi.

15Ithe kum: “Uyayibona le nto, mntundini? Useza kubona amanyundululu
angaphezu kwala.”

16Ngoku indingenise phakathi kweyona nkundla yendlu kaNdikhoyo.
Ngakwisango phakathi kweqonga nendawo yokuhamba kwakukho malunga
namashumi amabini anesihlanu amadoda. Ayeyifulathele indlu kaNdikhoyo,
ejonge empumalanga, equbuda kwilanga lasempuma.

17Ithe kum: “Ukubonile oku, mntundini? Ngathi indlu kaJuda ayanelanga
ngala manyundululu iwenzayo, ngoku izalise ilizwe lonke ngogonyamelo,
indixhokonxa ngakumbi ukuze ndibe nomsindo. Babone ke aba bantu: nâbo
bewangawangisa ngamasebe omdiliya ngasezimpumlweni zabo!

18Ngokwenene andiyi kuba nalusizi, ndingayi kubasindisa; baza kuthi shu
yingqumbo yam. Nokuba sebede batsho ngenzwinini yesikhalo andiyi
kuphulaphula.”

UHezekile 9

Ukubulawa kwabanquli-zithixo

© 1996 Bible Society of South Africa.

1Ndaza ndayiva iNkosi isithi: “Biza amagosa ocwangco esixeko, ngalinye
kuwo liphathe isixhobo salo.”

2Ndabona kusithi gqi isithandathu samadoda sivela kwisango eliphezulu
elijonge entla, iyileyo iphethe isixhobo esoyikekayo. Ayehamba nomfo onxibe
ilinen, egaxele izinto zokubhala. Bangena bema ngakwiqonga lamadini
lobhedu.

3Ubuqaqawuli bukaThixo bafunquka phezu kwesithunywa esimaphiko apho
babukhona, baza beza kuthi zinzi emgubasini wendlu kaThixo. Waza ke
uNdikhoyo wamyalela umfo onxibe ilinen enezixhobo zakhe zokubhala,

4wathi: “Tyhutyha isixeko saseJerusalem, ubaphawule ebunzi abo
bawanyanyayo amanyundululu enziwa khona.”

5Ndithe ndisamamele njalo wathi kwabanye abo: “Mlandeleni, nityhutyhe
isixeko, nibulale, ningabi nanceba namfesane,

6nityakatye nitshabalalise amaxhego, amadodana neentombi, abafazi
nabantwana, kodwa maze ningamchukumisi onophawu. Qalani kanye
esibingelelweni.” Ngoko nangoko baqala ngamadoda amakhulu ayelapho
phambi kwendlu kaThixo.

7Kwakhona uthe kubo: “Yigqwaliseni indlu kaThixo, iinkundla zizale
zizidumbu. Hambani!” Baza ke bahamba betyakatya bebulala esixekweni
apho.

8Ngeli xesha babulalayo ndishiywe ndedwa, ndasuka ndacambalala
ndabhomboloza ndathi: “Awu, Nkosi Ndikhoyo, ukhuphela ingqumbo yakho
eJerusalem ngokutshabalalisa namasalela la ukuze kungasali nempunde
kwaSirayeli?”

9Wandiphendula wathi: “Lukhulu kakhulu ukreqo lwendlu kaSirayeli
nekaJuda; kuligazi nje elizweni, ubulungisa abukho konke kwesi sixeko.
Bathi: ‘UNdikhoyo ulishiyile ilizwe; uNdikhoyo akasiboni.’

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

10Ke ngoko andizi kuba nanceba ndibasindise, kodwa baya kuvuna loo nto
bayilimileyo.”

11Ke kaloku umfo onxibe izambatho zelinen ephethe izixhobo zakhe
zokubhala wabuya wathi: “Ndisebenze ngokomyalelo wakho.”

UHezekile 10

Ubuqaqawuli buyafuduka endlwini kaThixo

1Ndajonga ndaza ndabona into engathi sisihlalo sekumkani esenziwe ngelitye
lesafire, sithe zinzi esibhakabhakeni ngasentla kweentloko zezithunywa
ezimaphiko.

2Waza uNdikhoyo wathi kwindoda enxibe izambatho zelinen: “Ngena
phakathi kwamavili lawa aphantsi kwezithunywa ezimaphiko, uzalise izandla
zakho ngamalahle avuthayo, uwasasaze phezu kwesi sixeko.” Wangena
ndikhangele njalo.

3Izithunywa ezimaphiko zazimi kwicala lasezantsi endlwini kaThixo ngeli
xesha indoda ingenayo. Inkundla ephakathi yayigqunywe lilifu.

4Baza ubuqaqawuli bukaNdikhoyo bafunquka phezu kwesithunywa
esimaphiko, baya kuthi zinzi emnyangweni wendlu kaThixo. Yazala mome
indlu kaThixo lilifu, yona inkundla yazala bubukhazikhazi bobuqaqawuli
bukaNdikhoyo.

5Isandi samaphiko ezithunywa ezimaphiko savakala nakwinkundla
engaphandle, ngathi lizwi likaThixo uSomandla xa ethetha.

6UNdikhoyo wayalela umfo onezambatho zelinen wathi: “Thatha umlilo apho
phakathi kwamavili emi ngakwizithunywa ezimaphiko.” Waza umfo lowo ke
wema ngasevilini.

7Esinye sezithunywa ezimaphiko sasolulela emlilweni isandla saso. Sakha
umlilo lowo, sawugalela ezandleni zomfo onezinxibo zelinen, waza ke
waphuma nawo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

([8]Kwakukho izinto ezingathi zizandla zomntu phantsi kwamaphiko ezithunywa ezo.)

[9]Ndajonga ndabona amavili amane, lilinye ngakwisithunywa esimaphiko ngasinye; amavili ayebengezela okwekrizolite.

[10]Ngembonakalo ayefana omane. Ivili ngalinye lalingathi linqumleze elinye ivili.

[11]Xa zihamba zisiya nakuliphi na icala kumacala omane ezijonge kuwo izithunywa ezimaphiko amavili ayengajikelezi, izithunywa ezimaphiko zisiya nakweliphi na icala ejonge kulo intloko zingajika-jiki.

[12]Wonke umzimba wazo, umhlana, izandla, namaphiko, wawungamehlo nje, ngokunjalo namavili lawo.

[13]Ndeva amavili la kusithiwa ngabajikelezi.

[14]Isithunywa ngasinye sasinobuso obune: obokuqala yayibobesithunywa esimaphiko, obesibini ibobomntu, obesithathu ibobengonyama, obesine ibobokhozi.

[15]Zenyuka ke izithunywa ezimaphiko. Yayizeziya zidalwa ziphilayo ndandizibone ngasemlanjeni iKebhare.

[16]Bezisithi zakusuka izithunywa, namavili ahambe; zithi zakuwatwabulula amaphiko azo izithunywa, zilungiselela ukuphakama emhlabeni, amavili ebengasuki ecaleni lazo.

[17]Bezithi zakuma izithunywa ezimaphiko, nawo amavili eme; zithi zakuphakama izithunywa ezimaphiko, nawo amavili aphakame, kuba uMoya olawula izidalwa eziphilayo wawuwalawula namavili.

[18]Ubuqaqawuli bukaNdikhoyo bashenxa emgubasini wendlu kaThixo, bathi gubungu phezu kwezithunywa ezimaphiko.

[19]Ndisakhangele njalo izithunywa ezo zawatwabulula amaphiko, zenyuka emhlabeni, kwaza ekusukeni kwazo namavili esuka. Zaza zema esangweni

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

elisempuma yendlu kaNdikhoyo, ubuqaqawuli bukaThixo kaSirayeli buhleli phezu kwazo.

20Ezi zidalwa ziphilayo zezi ndazibona zixhase uThixo kaSirayeli ngasemlanjeni iKebhare. Ndaza ke ndaqonda ukuba zizithunywa ezimaphiko.

21Sisinye sasibuso bune, namaphiko emane, nezinto ezingathi zizandla zomntu apha phantsi kwamaphiko.

22Ubuso bazo babufana kanye nobuya ndandibubone ngasemlanjeni iKebhare. Ngasinye ngasinye sasisiya kwelo cala sikhangele ngakulo.

UHezekile 11

Ukugwetywa kweenkokheli zakwaSirayeli

1Wasuka uMoya wandifunqula wandibeka esangweni lendlu kaNdikhoyo elijonge empumalanga. Apho ekungeneni kwesango kwakukho amadoda angamashumi amabini anesihlanu, phakathi kwawo ndabona uYazaniya unyana ka-Azure, noPelatiya unyana kaBhenaya, iinkokheli zabantu.

2Wathi uNdikhoyo kum: “Mntundini, la ngala madoda enza amayelenqe angendawo neengcebiso ezikhohlakeleyo kwesi sixeko.

3Athi: ‘Eli asililo ixesha lokuba kwakhiwe izindlu. Esi sixeko siyimbiza; thina siyinyama ephekwayo.’

4Ngako oko, mntundini, shumayela ubakhalimele. Ndithi shumayela!”

5Wandongamela uMoya kaNdikhoyo, wathi: “Danduluka uthi: Utsho uNdikhoyo ukuthi: Nakuba nina ndlu kaSirayeli nithetha oku, kodwa ndiyazazi iingcinga zenu.

6Nibulele inkitha yabantu kwesi sixeko, zada zazala zizidumbu izitalato.

7“Ngako oko itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Izidumbu zabantu ababulewe nini ziyinyama, isixeko sona siyimbiza, kodwa nina ndiza kunigxotha kwesi sixeko.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Niyaloyika ikrele, ndaye ndiza kunivisa ikrele, itsho iNgangalala enguNdikhoyo.

9Ndiya kunikhuphela ngaphandle kwesi sixeko, ndize ndininikezele kwabasemzini ukunohlwaya.

10Niya kufa ngekrele emideni yakwaSirayeli. Ewe, ndiya kunigweba nitsho nindazi ukuba ndinguNdikhoyo.

11Esi sixeko asiyi kuba yimbiza, nani aniyi kuba yinyama ephekwayo; ndiya kunigweba ndize ndinohlwaye kwalapha emideni yakwaSirayeli.

12Niya kuqonda ke ngoko ukuba mna ndinguNdikhoyo. Kaloku niyityeshele imimiselo yam, naphambuka kwimithetho yam, naza nazibeka mgangathweni mnye nezizwe eziningqongileyo.”

13Ndathi ndisashumayela njalo, wafa uPelatiya unyana kaBhenaya. Ndawa ngobuso, ndakhala ndadanduluka ndathi: “Awu, Nkosi Ndikhoyo! Ngaba uza kuyitshabalalisa tu nentsalela kaSirayeli?”

Isithembiso sokubuyiswa kwabathinjwa

14Ilizwi likaNdikhoyo ndaliva lisithi:

15“Mntundini, abantakwenu – abantakwenu abaligazi lakho, nditsho bonke abendlu kaSirayeli abathinjiweyo – ngabo kanye ekuthethwa ngabo ngabemi baseJerusalem kusithiwa: ‘Nina nimele kude kuNdikhoyo; lo mhlaba uwunikezele kuthi ukuba ube ngowethu.’ ”

16“Ngako oko yithi: Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Ndawagxothela kude emazweni, ndawasarhaza ezintlangeni, ndaza okwelo xeshana ndasisibingelelo sabo.

17“Ngoku ke yithi: Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Ndiya kuniqokelela ezintlangeni, ndinibuyise kuloo mazwe benithe saa kuwo, ndize ndiphinde ndininike umhlaba kaSirayeli.

18Abathinjwa baya kubuyela kuwo, bayisuse phakathi kwabo yonke imifanekiso engamasikizi kwanezithixo ezinezothe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Ndiya kubenza bandikhonze bengenakumbi, ndibanike umoya omtsha;
ndiya kuyikhupha kubo intliziyo eqaqadeke okwelitye, ndibanike intliziyo
yentobeko.

20Baya kwenza ngokwemimiselo yam, bayithobele ngononelelo imithetho
yam. Baya kuba ngabantu bam, nam ndibe nguThixo wabo.

21Kodwa abo bantliziyo zinamathele kwimifanekiso engamasikizi
nakwizithixo ezinezothe baya kuvuna loo nto bayihlwayeleyo, itsho iNkosi
uNdikhoyo."

22Zasuka izithunywa ezimaphiko namavili azo emi ngakuzo, zawatwabulula
amaphiko azo, baza ubuqaqawuli boThixo kaSirayeli baphezu kwazo.

23Ubuqaqawuli bukaNdikhoyo baphuma esixekweni, baya kuthi nqumama
phezu kwentaba engasempumalanga kuso.

24Wandifunqula uMoya, waya kundibeka phakathi kwabathinjwa eBhabheli
ngokombono ovela kuMoya kaThixo. Wandishiya umbono,

25ndaya ndabaxelela abathinjwa konke endikuboniswe nguNdikhoyo.

UHezekile 12

Umqondiso wemfuduko

1Ilizwi likaNdikhoyo ndaliva lisithi:

2"Mntundini, uhleli nabantu abangabavukeli. Banamehlo, kodwa ababoni;
baneendlebe, kodwa abaphulaphuli; kuba kaloku bangabavukeli.

3"Ngako oko, mntundini, bopha konke okwakho, ulungiselele ukufuduka. Uze
uthi emini, bekubona, unduluke, ufudukele kwenye indawo. Mhlawumbi ke
bangaqonda, nakubeni bengabantu abangabavukeli.

4Emini njalo, bejongile, uze uwubeke phandle umthwalo wakho sewulungele
imfuduko, uphume kwakuhlwa, bekukhangele njalo, ungene endleleni
yemfuduko.

5Bekubukele njalo, gqobhoza eludongeni lwendlu, uphume nempahla yakho.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6Uze uyityathe bekujongile ngorhatya, ungene endleleni. Uze ubugqume ubuso bakho, ukuze ungaliboni ilizwe, kuba ndikwenze umqondiso kwindlu kaSirayeli.”

7Ndenza njengoko ndiyalelwe. Ndayikhupha emini impahla yam seyingumthwalo olungiselelwe imfuduko. Ndaza ngokuhlwa ndagqobhoza eludongeni ngezandla zam. Ngorhatya ndaphuma endijongile ndithwele impahla yam emagxeni.

8Kusasa ilizwi likaNdikhoyo ndaliva lisithi:

9“Mntundini, abakubuzanga na oonkanishe abayindlu kaSirayeli ukuba: ‘Wenza ntoni na?’

10Uze uthi kubo: ‘Ithi iNkosi uNdikhoyo: Olu daba lundilisekileyo luqondene nenkosana eseJerusalem nayo yonke indlu kaSirayeli elapho.’

11“Ewe, yithi: ‘Mna ndingumqondiso kuni. Nakuni kuya kwenzeka njengokuba kwenzekile kum.’ “Nâbo baseJerusalem baya kufuduswa.

12Inkosana yabo iya kuyithwala impahla yayo emagxeni, isabe ngorhatya. Iya kuvulelwa umngxuma emayiphume ngawo eludongeni. Iya kubugquma ubuso bayo, itsho ingaliboni ilizwe.

13Ndiya kuyithiyela ngezabatha, ize ibhajiswe zizo; ndiya kuyisa eBhabheli ilizwe lamaKaledi, kodwa yona ayisayi kulibona, yaye iya kufela apho.

14Ndiya kubasarhaza bonke abalandeli, nditsho nkqu amafanankosi nemikhosi. Ndiya kubaleqa ndiqhiwule ikrele.

15“Xa sendibenze baphalala ezintlangeni nasemazweni baya kundazi ukuba ndinguNdikhoyo.

16Kodwa ndiya kusindisa intsalela yabo ekutshatyalalisweni likrele, nendlala, nobhubhani, khon' ukuze izixele izenzo zabo ezimanyumnyezi kwezo ntlanga iya kuhamba phakathi kwazo. Xa kunjalo baya kundazi ukuba ndinguNdikhoyo.”

17Ilizwi likaNdikhoyo ndaliva lisithi:

© 1996 Bible Society of South Africa.

18“Mntundini, ngcangcazela xa usidla ukutya kwakho, udude kukoyika xa
usela amanzi.

19Yithi kubantu beli lizwe: ‘Ngokuphathelele kubantu abahlala eJerusalem
nakwilizwe lamaSirayeli itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Ukutya kwabo baya
kukutya bexhalabile, amanzi bawasele bephelelwe lithemba, kuba ilizwe labo
liza kushiywa lize ngenxa yezenzo zobutshijolo zabantu balo.

20Izixeko ezinabantu ziya kuba ngamabhodlo, lize ilizwe libe
sebugxwayibeni. Noqonda ngoko ukuba ndinguNdikhoyo.’ ”

21Ilizwi likaNdikhoyo ndaliva lisithi:

22“Mntundini, andibi kukho iqhalo kwaSirayeli elithi: ‘Ziyahamba zona
iintsuku, wona umbono ungaphumi ntweni’?

23Yithi ke kubo: ‘Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Ndiza kuliphelisa eli qhalo,
ukuze lingabuye livakale kwaSirayeli.’ Yithi kubo: ‘Sezisondele iintsuku
zokuba yonke imibono izalisekiswe.

24Kaloku iza kuphela imibono elambathayo nokuhlatywa kwemihlola engento
apha kwaSirayeli.

25Mna Ndikhoyo ndiza kuthetha endikuthethayo, kuze kuzaliseke
ngokukhawuleza. Ithi iNgangalala enguNdikhoyo: Konke endikuthethayo
phambi kwenu kozalisekiswa ngemihla yenu, ndlundini inenkani.’ ”

26Ilizwi likaNdikhoyo ndaliva lisithi:

27“Mntundini, indlu kaSirayeli ithi: ‘Imibono ayibonayo yeyeminyaka ezayo,
neentshumayelo zakhe zezexesha elizayo.’

28“Yithi ke kubo: ‘Itsho iNgangalala enguNdikhoyo ukuthi: Akukho lizwi lam
liza kulityaziswa; konke endikuthethileyo kuza kwenzeka! Nditshilo nje mna
Nkosi Ndikhoyo nditshilo.’ ”

UHezekile 13

Ukugwetywa kwabashumayeli abangendawo

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Ilizwi likaNdikhoyo ndaliva lisithi:

2“Mntundini, shumayela ngokuchaseneyo nabashumayeli bakwaSirayeli abashumayela izinto abazikha engqondweni yabo, uthi kubo: Phulaphulani ilizwi likaNdikhoyo!

3Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: ‘Yeha iziyatha zabashumayeli ezinkqubo ihamba ngokweentliziyo zabo, bengakhange babe nawo umbono.’

4Abashumayeli bakho, Sirayeli, banjengempungutye enxiweni.

5Anizidubanga ngokuvingca iintanda, nilungisa udonga, nisenzela indlu kaSirayeli, khon' ukuze yomelele edabini ngomhla kaNdikhoyo.

6Banemibono ephuthileyo; izihlabo zabo zibubuxoki. Bathi: ‘Utsho uNdikhoyo,’ kodwa engabathumanga; kanti kuyo yonke loo nto balindele ukuba udaba lwabo lufezekiswe.

7Anibangwa yimibono ephuthileyo nezihlabo zobuxoki xa nisithi: ‘Utsho uNdikhoyo,’ ndibe mna ndingathethanga?

8“Ke ngoko ithi iNgangalala uNdikhoyo: Ngenxa yamazwi enu aphuthileyo, nemibono ebubuxoki, mna ndichasene nani, itsho iNkosi uNdikhoyo.

9Isandla sam siya kuba gadalala kwabo bashumayeli babona imibono ephuthileyo, behlaba izihlabo ezibubuxoki. Abayi kuba ngamaphakathi equmrhu labantu, namagama abo akayi kubhalwa kwimiqulu yendlu kaSirayeli, bengayi kuvunyelwa ukuba banyathele kumhlaba kaSirayeli. Niya kuqonda ke ngoko ukuba mna ndiyiNkosi uNdikhoyo.

10“Ngenxa yokulahlekisa abantu bam ngokuthi: ‘Luxolo,’ lube lona uxolo lungekho, nokuthi ziqatywe ngekalika iindonga ezakhiwe zaethe-ethe,

11mabaxelelwe abo baziqabileyo ukuba ziza kudilika. Ziza kufika zona iziphango ezinezichotho ezikhulu nezivondoviya zomoya.

12Xa ke sezidilika iindonga abantu baya kunibuza bathi: ‘Iphi ikalika ebeziqatywe yona?’

© 1996 Bible Society of South Africa.

13“Ngako oko ithi iNkosi uNdikhoyo: Emsindweni wam ndiza kwenza kubekho inkanyamba eya kuba nesichotho nezandyondyo zemvula eya kutshabalalisa.

14Ndiya kuludiliza udonga eniluqabe ikalika, nditsho luthi bhuma phantsi, kuvele isiseko salo. Luya kunityumza nife nina xa ludilikayo. Niya kwazi mhlophe xa kunjalo ukuba ndinguNdikhoyo.

15“Umsindo wam ndiya kuwukhuphela kolo donga nakwabo baliqabe ngekalika. Ndiya kuthi kuni: ‘Ludilikile udonga; batshabalele nabo bebeliqabe ngekalika –

16nditsho abashumayeli bakwaSirayeli ababeshumayela eJerusalem, benemibono yoxolo kuyo, kanti kwakungekho xolo, itsho iNgangalala uNdikhoyo.’

17“Ke ngoku, mntundini, zifulathele iintombi zabantu bakowenu ezishumayela intshumayelo eziyikha engqondweni. Zikhalimele

18uthi: ‘Naku okuthethwa nguNdikhoyo iNgangalala: Yeha kwabo bafazi bafaka iintsimbi ezinyangiweyo ezihlahleni zabo, nabathwala izigqubuthelo zeendidi ngeendidi ezintloko, besenzela ukutsala abantu. Nithi ningabambisa abantu bam nize nina nisinde?

19Nindinyelisile kubantu bam ngenxa yezityana ezimbalwa zerhasi neengqweqwe zesonka. Ngokubaxokisa abantu bam ababuphulaphulayo ubuxoki, nibulele ababefanele ukungafi, nasindisa abo babemele ukufa.’

20“Ithi ke iNkosi uNdikhoyo: Ndichasene nezo zihombo zenu zinyangiweyo enibambisa ngazo abantu ngathi ziintaka, ndaye ndiza kuziqhawula ezingalweni zenu; ndiza kubakhulula abo bantu nibabambise okweentaka.

21Ndiya kuzikrazula izigqubuthelo zenu, ndibasindise abantu bam kuni, baze bangabuye baphinde babe phantsi kweempembelelo zenu. Noqonda ke ukuba ndinguNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

22Ngenxa yokuwatyhafisa amalungisa ngobuxoki benu ngaphandle kwam,
nangenxa yokukhuthaza kwenu abakhohlakeleyo ukuba bangaguquki
kwinkohlakalo yabo ukuze businde ubomi babo,

23anisobe niphinde nibone imibono ephuthileyo, okanye nihlabe umhlola.
Ndiya kubakhulula abantu bam kwiimpembelelo zenu. Xa kunjalo niya
kundazi ukuba ndinguNdikhoyo.”

UHezekile 14

Ukugwetywa kwabanqula izithixo

1Amanye amadoda amakhulu akwaSirayeli eza kum, afika ahlala phambi
kwam.

2Ndaza ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

3“Mntundini, la madoda aqulathe izithixo ezintliziyweni zawo, aza abeka
izikhubekiso ezikhohlakeleyo phambi kobuso bawo. Ndiwavumele na ukuba
abe nento ayibuzayo kum?

4Ngako oko thetha nawo uwaxelele uthi: ‘Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi:
Xeshikweni nawuphi na umSirayeli equlathe izithixo entliziyweni yakhe,
waza wabeka isikhubekiso senkohlakalo phambi kwakhe, aze aye
kumshumayeli, uya kuphendulwa ndim Ndikhoyo siqu ngokunqula kwakhe
izithixo okungaka.

5Oku ndiya kukwenzela ukubuyisa iintliziyo zabo bonke abantu bam
bakwaSirayeli, abathe bandilahla ngenxa yezithixo.’

6“Ngoko ke yithi kwindlu kaSirayeli: ‘Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi:
Guqukani, nishenxe kwizithixo zenu, nahlukane nezenzo zenu
zamanyundululu!’

7“Xeshikweni nawuphi na umSirayeli okanye umngeneleli uthe wazikhwebula
kum, waza waqulatha izithixo entliziyweni yakhe, wabeka nesikhubekiso
senkohlakalo phambi kwakhe, asuke aye kubuza ngam kumshumayeli, mna
Ndikhoyo ndiya kumphendula ngokwam.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Ndoyichasa loo ndoda, ndiyenze umzekelo nondaba-mlonyeni. Ndiya kuyishenxisa ebantwini bam. Niya kuqonda ngoko ukuba mna ndinguNdikhoyo.

9“Ukuba umshumayeli uthe walukuhlwa washumayela into engeyiyo, uya kuba ulahlekiswe ndim Ndikhoyo. Ke mna ndiya kusolula isandla sam, ndimtshabalalise angabikho phakathi kwabantu bam amaSirayeli.

10Baya kusithwala isono sabo – isono somshumayeli siya kulingana nesalowo ebeze kubuzisa.

11Xa kunjalo abantu bakwaSirayeli baya kukuyeka ukuphambuka ezindleleni zam, bahlukane nokuzityikila ngezikreqo zabo. Baya kuba ngabantu bam, nam ndibe nguThixo wabo, itsho iNkosi uNdikhoyo.”

12Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

13“Mntundini, xa lithe ilizwe landona ngokungathembeki, ndaza ndalohlwaya ngokuvalela ukuba lingakufumani ukutya, ukuze abantu balo nezilwanyana zalo zife yindlala,

14ngokwenene ke nokuba la madoda mathathu, uNowa, noDaniyeli, noYobi, bebenokuba kwelo zwe, bebeya kuzisindisa bona kuphela ngenxa yobulungisa babo, itsho iNkosi uNdikhoyo.

15“Okanye ndingathi ndithe ndathumela amarhamncwa asendle kweli lizwe, aze akashiya nempunde kulo, atsho layindawo engahanjwayo ngenxa yamarhamncwa,

16ngokwenene ndiyafunga, itsho iNkosi uNdikhoyo, nokuba la madoda mathathu ebenokuba kwelo zwe ebengenakubasindisa oonyana neentombi zawo. Bekuya kusinda wona kuphela, libe lona ilizwe lisebugxwayibeni.

17“Okanye ndingathi ndiliphethele ikrele ilizwe, ndithi: ‘Ikrele malityakatye kulo lonke ilizwe,’ lize libulale abantu nemfuyo yabo,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

18ngokwenene ndiyafunga, itsho iNkosi uNdikhoyo, nokuba la madoda mathathu ebenokuba lapho ebengayi kuba nako ukuzisindisa iintombi noonyana bawo. Bekuya kusinda wona odwa.

19“Kungenjalo ngendithumela ubhubhani kwelo zwe, ndiwukhuphele kulo umsindo wam, ndibulale abantu nemfuyo yabo ngempalalo-gazi.

20Ngokwenene ndiyafunga, itsho iNkosi uNdikhoyo, nokuba babelapho, ooNowa, noDaniyeli, noYobi, bebengenakuyisindisa nentsapho yabo. Bebeya kuzisindisa bona bodwa ngenxa yobulungisa babo.

21“Kaloku itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: IJerusalem ndingayigweba ndiyithumele ngezibetho ezine, ezona zibi – imfazwe, nendlala, namarhamncwa, nobhubhani – ndibulale abemi bayo kunye nemfuyo yabo.

22Naxa kunjalo baya kubakho abasindayo – oonyana neentombi abaya kubhunca esixekweni. Baya kuphuma beze kuni, niyibone imikhwa yabo nezenzo zabo, nize nizibonele ngokwenu isizathu sokuba iJerusalem ndiyithumele ngentlekele – nditsho yonke intlekele endiyizisele yona.

23Ewe, niya kuzibonela ngokwenu, nixole yakubonakala kuni imikhwa yabo nezenzo zabo, niqonde ukuba andifumananga ndakwenza konke endakwenzayo kwiJerusalem, itsho iNgangalala uNdikhoyo.”

UHezekile 15

IJerusalem ngumdiliya ongenamsebenzi

1Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

2“Mntundini, ngaba lubhetele ukhuni lomdiliya kunemithi yasehlathini?

3Kukho lutho lwenziwayo na ngokhuni lomdiliya? Ngaba kukhe kwenziwe izikhonkwane zokuxhoma ngalo?

4Ukuba lubasiwe lwavutha macala, lwarhawuka umongo, ngaba kusekho lutho lungenziwa ngalo?

5Xa belingenamsebenzi liselukhuni kubeka phi ke ngoku xa lurhawukile?

© 1996 Bible Society of South Africa.

6“Ngako oko itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Kwimithi yehlathi ukhuni
lwediliya ndilumisele ukuba lubaswe. Kuya kuba njalo nakubemi
baseJerusalem.

7Ndiya kubachasa. Naxa sebephuma emlilweni basaya kutsha ngumlilo
kwakhona. Xa sendibachasa baya kwazi ukuba ndinguNdikhoyo.

8Ndiya kuwubharhisa umhlaba kuba bengathembekanga, itsho iNkosi
uNdikhoyo.”

UHezekile 16

IJerusalem engathembekanga

1Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

2“Mntundini, yixelele iJerusalem ngezenzo zayo ezinezothe,

3uthi: Itsho iNkosi uNdikhoyo kwiJerusalem ukuthi: Imvelaphi nenkaba
yakho ikwilizwe lamaKanana; uyihlo ngumAmori, unyoko engumHiti.

4Ayisikwanga inkaba yakho mhla wazalwa; awuhlanjwanga nangamanzi
ukuze ucoceke; awuhlikihlwanga nangetyuwa; awusongelwanga nangengubo.

5Akubangakho mntu uvelanayo nawe, ukuze abe nemfesane akwenzele ezi
zinto. Kodwa suka walahlelwa phandle, kuba ubujongelwe phantsi mini
wazalwa.

6“Ndathi ndidlula ndakubona ukhaba-khaba egazini lakho, ndaza ndathi,
ulele njalo egazini lakho: ‘Phila!’

7ndakukhulisa okwesihluma edlelweni. Wakhula wahluma waba njengelona
litye lihle kumatye aqaqambileyo, antshula amabele akho, zakhula neenwele
zakho, kodwa wawuze.

8“Ndadlula kwakhona emva kwexesha, ndathi ndakukujonga ndabona
intombi eseyifikisile, ndaza ndakwambathisa ngesondo lengubo, ndabufihla
ubuze bakho. Ndafunga ndenza umnqophiso nawe, waba ngowam ke ngoko,
itsho iNkosi uNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9“Ndakufaka emanzini, ndalihlamba igazi kuwe, ndakuthambisa ngamafutha.

10Ndakunxiba ilokhwe ehonjisiweyo, ndakufaka iimbadada zothwathwa, ndakunxiba ilinen ecikiziweyo, ndakwambesa iingubo zexabiso.

11Ndakuhombisa ngamatye anqabileyo, ndakufaka izacholo ezingalweni nentsimbi yomqala entanyeni yakho.

12Ndaza ndakufaka amacici empumlweni nasezindlebeni zakho, ndakuthwalisa isithsaba esihle entloko.

13Ewe, wawuhombe ngegolide nesiliva; izinxibo zakho zizezelinen ecikiziweyo nelaphu lexabiso elihonjisiweyo. Ukutya kwakho ibingowona mgubo ucoliweyo, nobusi, namafutha omnquma. Waba mhle kakhulu ngokungathi ungukumkanikazi.

14Udumo lwakho lwaba ngundaba-mlonyeni ezizweni ngenxa yobuhle bakho, kuba ubuqheleqhele endikunike bona babenza babalasela ubuhle bakho, itsho iNkosi uNdikhoyo.

15“Wasuka wathembela kubuhle bakho, lwaza udumo lwakho lwakwenza walihenyukazi. Waba lukhuko lwabahambi, baza ubuhle bakho bangobabo.

16Enye impahla yakho wenza ngayo isibingelelo sokunqula izithixo apho waqhuba khona izenzo zobuhenyukazi. Azenziwa ezo zinto, kungekho mfuneko yokuba zenzeke.

17Izihombiso zam endandikunike zona, zegolide nesiliva yam, wasuka wenza ngazo izithixo ezingamadoda, wahenyuza nawo.

18Wazambathisa ngezinxibo zakho ezihonjisiweyo, wanikezela kuzo ngamafutha neziqhumiso zam.

19Kwanokutya endandikunike kona – owona mgubo ucoliweyo, amafutha omnquma, nobusi – wakwenza umnikelo ovumba limnandi kuzo. Ewe, kwenzeka oku, itsho iNkosi uNdikhoyo.

20“Wathatha oonyana neentombi zakho obundizalele zona, wenza ngazo idini lokutya kwezithixo. Bebunganele na ubuhenyukazi bakho?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21Wabaxhela abantwana bam, wenza idini lezithixo ngabo.

22Kuzo zonke izenzo zakho ezinezothe nobuhenyukazi bakho akuzikhumbulanga iimini zobutsha bakho xa wawuze ukhaba-khaba egazini lakho.

23“Yeha! Yeha, wena! Itsho iNgangalala iNkosi uNdikhoyo. Ngaphezu kwayo yonke inkohlakalo yakho

24uzakhele ingqumba yamatye, waza wenza isibingelelo kuzo zonke iindawo eziphangaleleyo esixekweni.

25Ekungeneni kwesitalato ngasinye wakhe isibingelelo sakho, waza ngokwenjenjalo wabugqwalisa ubuhle bakho ngokunikezela ngomzimba wakho nakubani na odlula ngendlela.

26Ngaphezu koko uhenyuze namaJiputa angabamelwane bakho atshatshele ngobudoda, waza ngokwenjenjalo wandixhokonxa ngenxa yamanyala akho angaphele ndawo.

27Mna ke ndisolule isandla sam ndakohlwaya, ndawanciphisa amalungelo akho, ndakuyekela kwiminqweno yeentshaba zakho, nditsho iintombi zamaFilistiya ezaba nomothuko omkhulu bubufebe bakho.

28Uhenyuzile nawo nama-Asiriya; kaloku awaneli!

29Waphumela naseBhabheli, umhlaba wabarhwebi, nalapho awanela.

30“Hayi, ububhetye-bhetye bakho, itsho iNkosi uNdikhoyo. Xa usenza zonke ezi zinto uziphatha okwehenyukazi eliphoxekileyo.

31Xeshikweni usakha iingqumba zakho zamatye ekungeneni kwazo zonke izitalato, usenza nezibingelelo zakho kuzo zonke iindawo zesixeko eziphangaleleyo, ube wahlukile kwamanye amahenyukazi, kuba ubuyichasile intlawulo.

32“Mfazindini okrexezayo! Wena ufuna abahambi endaweni yomyeni wakho!

© 1996 Bible Society of South Africa.

33Amanye amahenyukazi ahlawulwa umrhumo, kodwa wena ubapha izipho bonke abalala nawe, ubanyobe ukuze baphume kuzo zonke iindawo ukuza kulala nawe.

34Ke ngoko wahlukile kwamanye amahenyukazi; awulandelwa. Wahlukile wena, kuba uyahlawula endaweni yokunikwa umrhumo.

35“Ngoku ke, henyukazindini, phulaphula ilizwi likaNdikhoyo!

36Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Ekubeni ubutshiseka, waza wahamba ze xeshikweni usenza amanyala namadoda akho, ngenxa yezithixo zakho ezinezothe, othe wanikezela ngegazi labantwana bakho kuzo,

37ngoko ke ndiza kuwaqokelela onke amadoda akho abekuvisa ubumnandi ngokulala nawe, onke bethu, lawo ubuwathanda nalawo ubuwacaphukela. Ndiza kuwaqokelela kuzo zonke iindawo, ndize nawo phambi kwakho, ndikuhambise ze, abubone ubuze bakho.

38Ndiza kukugwebela isohlwayo sabafazi abakrexezayo nabaphalaza igazi; ndiza kuwukhuphela kuwe wonke umsindo wam wempindezelo yegazi nobukhwele.

39Emva koko ndiya kukunikezela kumakrexe akho; aya kuzidiliza ingqumba zakho zamatye, aziwise izibingelelo zakho. Aya kuyikhulula impahla yakho, azihluthe izihombo zakho zamatye anqabileyo amahle, akushiye uze ungenanto.

40Aya kukubizela isihlwele sikuxulube ngamatye, sikutyakatye ngamakrele.

41Siya kuzitshisa izindlu zakho, sikohlwaye, abanye abafazi bejongile. Ewe, ndiza kukwenza ukuyeke ukuhenyuza, uyeke nokuhlawula amakrexe.

42Uya kuthotha ke umsindo wam kuwe, ngokunjalo buphele nobukhwele. Ndiya kuthi cwaka ndingabi sakhathazeka.

43“Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Ndiya kukwenza ulithwale ityala laloo nto uyenzileyo, kuba akuzikhumbulanga iimini zobutsha bakho, ngoko undenze

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ndaqumba ngenxa yoko ukwenzileyo. Akongezanga amanyala na phezu kwamanyundululu owenzileyo?

44“Wonke umntu othanda ukuzekelisa ngamaqhalo uya kuzekelisa ngeli qhalo xa athetha ngawe: ‘Ufuzo luyegqithisa.’

45Kaloku umfuzile unyoko, kuba yena wamdela umyeni wakhe kunye nabantwana bakhe; ukwangumgubo wengxowa enye noodade wenu abâthi bona babadela abayeni babo nabantwana babo. Unyoko wayengumHiti, uyihlo engumAmori.

46Udade wenu omkhulu wayenguSamariya owayehlala ngentla kwakho neentombi zakhe; udade wenu omncinci, owayehlala ngezantsi kwakho neentombi zakhe, wayenguSodom.

47Akwanelanga kukuhamba ekhondweni labo nokulinganisa amanyundululu abo, koko ubethe wegqitha kubo ngokwenza ububi.

48Ndiyafunga, itsho iNkosi uNdikhoyo, udade wenu uSodom akazenzanga izinto ozenzileyo wena neentombi zakho.

49“Nali ityala lodade wenu uSodom: Yena neentombi zakhe bebeziphakamisile bengaswele nto, bengakhathalele mntu; babengeloncedo kwabangamahlwempu nakwabasweleyo.

50Babezitsho, besenza amanyundululu phambi kwam. Ngoko ndabatshabalalisa njengoko nawe wabonayo.

51Izono zikaSamariya azisiso nesiqingatha sezakho; amanyundululu owenzileyo angaphezu kwawabo, into etsho oodade wenu babe ngamalungisa xa bethelekiswa nawe ngezinto ezimbi ozenzileyo.

52Lithwale ihlazo lakho, kuba kaloku utsho baxoleleka oodade wenu. Ngenxa yokokuba izono zakho bezizibi ngaphezu kwezabo, baba ngathi banobulungisa obungaphezu kobakho. Ngoko ke yiba neentloni, ulithwale ihlazo lakho, kuba kaloku utsho oodade wenu banjengamalungisa.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

53“Kodwa ke noko ndiya kumbuyisela endaweni yakhe uSodom neentombi
zakhe, ngokunjalo noSamariya neentombi zakhe, ngokunjalo nawe,
54ukuze ulithwale ihlazo lakho lokwenza izinto ezitsho bazibona
bengamalungisa.
55Oodade wenu uSodom neentombi zakhe, noSamariya neentombi zakhe,
baza kubuyela kwimbo yabo; nawe neentombi zakho uza kubuyela kwimbo
yenu.
56Xeshikweni useneqhayiya ubucekisa nokuthetha oku ngoSodom,
57kuba kaloku ubugwenxa bakho babusafihlakele. Kodwa ngoku iintombi
zase-Edom nabo bonke abamelwane bazo zikujongele phantsi, ngokunjalo
iintombi zamaFilistiya nabo bonke abakungqongileyo.
58Uthi uNdikhoyo: Úza kulithwala ityala lamanyala namanyundululu akho.
59“Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Ndiza kukuphatha ngendlela ofanele
ukuphathwa ngayo, kuba kaloku uzibizele isiqalekiso ngokuwutyeshela
umnqophiso.
60Kodwa ke noko ndiza kuwukhumbula umnqopiso endawenza nawe xa
wawusemtsha, ndize ndenze umnqophiso nawe oya kuhlala uhleli.
61Uya kuthi ke uzikhumbule izenzo zakho, ube neentloni xa usamkela oodade
wenu abakhulu kunawe nabancinane kunawe. Ndobanikela kuwe
njengeentombi, naxa ndingayi kubabandakanya kumnqophiso wethu
sobabini.
62Ndiza kuwuzinzisa umnqophiso wam nawe, ukuze wazi ukuba
ndinguNdikhoyo.
63Xa ndikuxolela ngako konke okwenzileyo uya kukhumbula, zikuphathe
iintloni, uze ungabuye uwuvule nokuwuvula oku umlomo ngenxa
yokuthobeka kwakho, itsho iNgangalala uNdikhoyo.”

UHezekile 17

Amakhozi amabini nomdiliya

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

2“Mntundini, thetha ngesafobe, wenzele indlu kaSirayeli umzekeliso.

3Yithi kubo: Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: ELebhanon kwakha kwafika into enkulu yokhozi emaphiko omeleleyo, eentsiba zinde zishinyeneyo zimabala-bala, laza lee ngcu phezu komsedare,

4lanqothula elona sebe liphezulu, lemka nalo, laya kwilizwe labarhwebi, laza lalityala kwesinye sezixeko zorhwebo.

5Lathatha imbewu kwilizwe lenu, laya kuyityala kumhlaba otyebileyo. Layityala okomngcunube kwindawo enamanzi amaninzi,

6yantshula yaba ngumdiliya omfutshane oxandileyo. Amasebe awo ajonga kulo ukhozi, kodwa zona iingcambu zahlala ngaphantsi. Yaba ngumdiliya oxandileyo ke, otsho ngamasebe ayokozela amagqabi.

7“Kodwa lalukho nolunye ukhozi olumaphiko omeleleyo neentsiba ezishinyeneyo. Ke ngoku iingcambu zomdiliya zanabela ngakulo ukusuka kule ndawo umdiliya utyalwe kuyo, namasebe axandela kulo ukufuna amanzi.

8Wawutyalwe kumhlaba otyebileyo, kufuphi namanzi amaninzi, ukuze uhlume, ukhule, uvelise iziqhamo, ube yinzwakazi yomdiliya.

9“Yithi kubo: Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Ngaba lo mdiliya uza kuchuma na? Awusayi kuncothulwa na lukhozi lokuqala, lunqothule zonke iziqhamo zawo, uze ubune? Amahlumelo awo onke aya kubuna. Xa uncothulwe emhlabeni akuyi kubakho mfuneko yandoda isisigantsontso okanye iqela labantu.

10Khona ukuba uphinde watyalwa kwenye indawo uya kukhula na? Awukubuna mpela na xa kuthe kwavuthuza ulophu, ubune umi kuloo ndawo ubukhula kuyo?”

11Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

© 1996 Bible Society of South Africa.

12“Yithi kwindlu yoonkanishe: ‘Ngaba aniyazi intsingiselo yezi zinto?’ Yithi kubo: ‘Ukumkani waseBhabheli waya eJerusalem, wamthimba ukumkani walapho nezinxiba-mxhaka zakhe, wabasa eBhabheli,

13waza wakhetha omnye kwabegazi, wenza isivumelwano naye, wamfungisa. Wawasusa amadoda amakhulu esizwe,

14khon' ukuze ubukumkani buhle, bungabi nakuphakama, bume buyiloo nto ngokugcinwa kwesivumelwano nokumkani waseBhabheli.

15Kodwa ukumkani waseJerusalem wamvukela owaseBhabheli, waza wathuma izithunywa eJiputa ukuba ancedwe ngamahashe nomkhosi omkhulu. Ngaba uya kuphumelela? Ngaba umntu owenza izinto ezilolu hlobo uyasinda; nditsho ofumana asikhabe isivumelwano?’

16“Ndiyafunga, itsho iNkosi uNdikhoyo, úya kufela eBhabheli, kwilizwe laloo kumkani wayembekile waza wasidela isifungo asenze naye, wasaphula isivumelwano.

17Ukumkani waseJiputa nomkhosi wakhe oqinileyo oyinyambalala akasayi kumnceda nganto emfazweni, xeshikweni kusakhiwa izikanisi nezinye izixhobo zokungqinga ukuze kufe inyambalala yabantu.

18Usidelile isifungo ngokutyeshela umnqophiso. Akayi kusinda, kuba kaloku uzenza zonke ezi zinto ekubeni ebevumelene.

19“Ke ngoko ithi iNkosi uNdikhoyo: Ndiyafunga, ndiza kumohlwaya kuba uzibizele isiqalekiso ngokuwutyeshela umnqophiso.

20Ndiza kumthiyela ngezabatha zam, ndimbambise. Ndiza kuza naye eBhabheli, ndize ndimohlwayele apho, kuba engathembekanga kum.

21Wonke umkhosi wakhe osabayo uya kubulawa ngekrele, ize intsalela iphalale. Ngoko niya kundazi ukuba mna Ndikhoyo ndithethile.

22“INkosi uNdikhoyo ithi: Mna ngokwam ndiya kukha isebe eliphezulu lomsedare, ndilityale; ndiya kukha ingetye-ngetyana yesebe kwawona aphezulu emthini, ndilityale encotsheni yentaba ephakamileyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

23Ndiya kulityala kweleentaba zakwaSirayeli; liya kutsho ngamasebe, livelise iziqhamo, libe ngumsedare wodidi. Iintlobo-ntlobo zeentaka ziya kwakha iindlwana zazo kuwo; ziya kuhlala emthunzini wamasebe awo.

24Yonke imithi yasendle iya kundazi ukuba mna Ndikhoyo ndiyawuwisa umthi omde, omfutshane ndiwenze ube mde. Ndiya wenza ubune umthi oluhlaza, ndiwuhlumise umthi obusowomile. “Ndithethile nje mna Ndikhoyo, ndiya kukwenza oko.”

UHezekile 18

Umntu owonayo uya kufa

1Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

2“Bantundini, nithetha ukuthini ezweni lakwaSirayeli xa nicaphula kweli qhalo lithi: “ ‘Ooyise bâtya iidiliya ezikrwada, suka kwabuthelezi amazinyo abantwana’ ?

3“Ndiyafunga, itsho iNkosi uNdikhoyo, anisayi kuphinda nicaphule kweli qhalo kwaSirayeli.

4Kaloku wonke ophilayo ngowam; nditsho uyise nonyana, bobabini ngabam ngokufanayo. Uya kufa umntu othe wona.

5“Nanku umfo olilungisa, owenza okulungileyo kwaphela:

6akathathi nxaxheba kwizibingelelo zasezintabeni, okanye athembele kwizithixo zendlu kaSirayeli; akamhlazisi umka-mmelwane, okanye alale nomfazi osexesheni;

7akacinezeli mntu, kodwa uyakubuyisa oko bekubanjiswa ngako ebolekisa; akanguye umphangi, koko ubapha ukutya abalambileyo, abambese abahamba ze;

8akaxhaphazi mntu xa ebolekisa, hayi, akabizi nzuzo igabadelayo; akavani nokwenza okungalunganga, ababambeneyo ubagwebela ngolungelelwano.

9Wenza ngokwemimiselo yam, anyaniseke ekugcineni imithetho yam. “Lowo ke ulilungisa; ngenene uya kubudla ubomi, itsho iNkosi uNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

10“Mhlawumbi indoda le inonyana othanda ukulwa, aphalaze igazi, okanye
ade enze nezinye izinto ezingatshongo khona,
11(naxa uyise engazange wazenza ezo zinto): “Uthatha inxaxheba
kwizibingelelo zasezintabeni; uyamhlazisa umfazi wommelwane;
12uyawacinezela amahlwempu nabasweleyo; ungumphangi; akayibuyisi
impahla abeyibanjiswe ngobolekayo; unqula izithixo; wenza amanyundululu;
13uyabaxhaphaza abantu xa ebolekisa, ewe, ubiza inzuzo engaphaya. “Ngaba
uya kubudla ubomi umntu onjalo? Hayi! Ngokwenza onke la manyundululu
umelwe kukufa, avune into abeyihlwayele.
14“Xa ngaba lo nyana unonyana obubonayo bonke ubugwenxa bukayise, aze
athi kunjalo angahambi ekhondweni lakhe:
15“Akathathi nxaxheba kwizibingelelo zasezintabeni, okanye anqule izithixo
zakwaSirayeli; akamhlazisi umka-mmelwane;
16akacinezeli mntu okanye abize isibambiso kulowo ubolekayo; akanguye
umphangi, kodwa ubapha ukutya abalambileyo, abambese abahamba ze;
17ubethela kude esonweni; akabaqhathi abo ababolekayo, hayi akababizi
inzuzo engaphaya; uyayithobela imithetho, enze ngokwemimiselo yam.
“Akayi kufa ngenxa yesono sikayise, koko uya kubudla ubomi.
18Kodwa yena uyise uya kufa ngenxa yesono sakhe, kuba ebaxhaphazile
abantu, wamkhuthuza umntakwabo, wenza okungalunganga kumawabo.
19“Niyabuza ke nina: ‘Ngani ukuba unyana angalithwali ityala likayise?’
Kaloku unyana wenze ubulungisa, wahamba ngokwemiyalelo yam; yena uya
kubudla ubomi.
20Ngumntu owonileyo oya kufa. Unyana akayi kulithwala ityala likayise,
noyise akayi kulithwala ityala lonyana.Olungileyo uya kuvuzwa ngobulungisa
bakhe, okhohlakeleyo ohlwaywe ngenkohlakalo yakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21“Kodwa ukuba okhohlakeleyo uthe wazishiya izono zakhe, wahamba
ngokwayo yonke imimiselo yam, wenza okulungileyo nobulungisa, akayi
kufa, kodwa uya kubudla ubomi.

22Zonke izikreqo azenzileyo aziyi kuphinda zikhunjulwe. Uya kudla ubomi
ngenxa yobulungisa abenzileyo.

23Nanku ke umlomo weNkosi uNdikhoyo: Ngaba kuyandikholisa na ukufa
komntu okhohlakeleyo? Hayi bo, into endikholisayo kukuba azijike iindlela
zakhe, aze adle ubomi.

24“Xa ilungisa libulahla ubulungisa, lize lingene enkohlakalweni, lenze
amanyundululu abefudula esenziwa ngokhohlakeleyo, lingabudla njani
ubomi? Bonke ubulungisa ebelifudula libenza abuyi kuba sakhunjulwa. Liya
kufa kuba lingathembekanga, lifela izono zalo.

25“Ke nina nithi: ‘Inkqubo kaNdikhoyo ayinalungelelwano.’ Phulaphula, ndlu
kaSirayeli: Ngaba inkqubo yam asiyiyo eyolungelelwano na? Yinkqubo yenu
kaloku engenalo ulungelelwano.

26Ukuba ilungisa lithe laphambuka ebulungiseni, lenza isono, liya kufa
ngenxa yesono eso.

27Kodwa ukuba okhohlakeleyo uthe wayilahla inkohlakalo yakhe, wenza
ubulungisa, ngokwenjenjalo uya kubusindisa ubomi bakhe.

28Kuba eziqondile iziphoso zakhe, waza wazilahla, akayi kufa, koko uya
kudla ubomi.

29Kodwa ke noko indlu kaSirayeli isatsho ukuthi: ‘Inkqubo kaNdikhoyo
ayinalungelelwano.’ Ndlu kaSirayeli, inolungelelwano inkqubo yam. Ziindlela
zenu ezingenalo ulungelelwano.

30“Ngako oko, ndlu kaSirayeli, umntu ngamnye kuni ndiza kumgweba
ngokwezenzo zakhe, itsho iNkosi uNdikhoyo. Guqukani! Rhoxani kuzo zonke
izikreqo enizenzayo, ukuze ningatshabalali ngenxa yenkohlakalo yenu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

31Yahlukanani nezikreqo ebenifudula nizenza, nizifumanele intliziyo entsha,
nomoya omtsha. Ngani ukuba nife, ndlu kaSirayeli?

32Andikholiswa kukufa kwakhe nabani na, itsho iNkosi uNdikhoyo.
Guqukani, nidle ubomi!”

UHezekile 19

Ukulilela iinkosi zakwaSirayeli

1“Yitsho ngesililo ngenxa yeenkosi zakwaSirayeli,

2uthi: “ ‘Unyoko wayeyingonyama phakathi kweengonyama! Ubebuthuma
phakathi kwamathole eengonyama, esanyisa amathole akhe.

3Walondla lakhula elinye ithol' iduna, languxholovane wengonyama. Yafund'
ukudlavuz' ixhoba, yawathi nqwam-nqwam amadoda.

4Yaduma ezizweni, bayombela umgibe, yabanjiswa. Bayirhola
ngamagwegwe, baya nayo eJiputa.

5“ ‘Akuphela amathemba kunina, lakuba iqhayiya lakhe limkile, wathabatha
elinye kumathole akhe, walenza uxholovane wengonyama.

6Yanyalasa phakathi kweengonyama, kuba kaloku yayisisigantsontso
sengonyama; yafunda ukudlavuza amaxhoba nokuwathi nqwam-nqwam
amadoda.

7Yangena ezililini zawo, yenza iziqwenga ezixekweni. Yaduma larhwaqela
lonke ilizwe kwanabo bangabemi balo.

8Zayivukela izizwe, nabantu bemimandla esondeleyo; bayithiyela ngezabatha,
yabhajiswa emgibeni wabo.

9Bayirhola ngamagwegwe, bayifaka ehokweni; beza nayo kukumkani
waseBhabheli, yavalelwa entolongweni. Awabe uphinde uviwe umgqumo
wayo kwiintaba zakwaSirayeli.

10“ ‘Unyoko ubenjengomdiliya okuvelisileyo, otyalwe kufuphi namanzi,
uqhamile uyokozela amasebe kuba emaninzi amanzi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11Ebomelele amasebe awo, efanele intonga yabalawuli. Ubumde, ubuvelele utyani, ubalasele ngobude nangamasebe ashinyeneyo.

12Ngomsindo wancothulwa, wawiswa phantsi emhlabeni; wabuna lulophu, zavuthuluka iziqhamo; loma isebe elomeleleyo, labaswa emlilweni.

13Kungokunje utyalwe entlango, kumhlaba owome nko.

14Umlilo wanwenwela kwelinye lamasebe awo, zatsha iziqhamo. Akusekho sebe lomeleleyo elifanele intonga yabalawuli.' "Sisililo esi; masibe sisililo ke."

UHezekile 20

AmaSirayeli anenkani

1Ngosuku lweshumi kwinyanga yesihlanu ngonyaka wesixhenxe, kweza kum iqela lamadoda amakhulu akwaSirayeli, ahlala phambi kwam, eze kubuzisa kuNdikhoyo.

2Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

3"Mntundini, thetha namadoda amakhulu akwaSirayeli, uthi kuwo: Ithi iNgangalala uNdikhoyo: Nize kubuzisa kum na? Ngokwenene ndiyafunga andiyi kunivumela nibuzise kum, itsho iNgangalala uNdikhoyo.

4"Mntundini, bagwebe! Ewe, bagwebe! Baxelele ngezenzo ezinezothe zooyise,

5uthi kubo: Naku okuthethwa yiNgangalala uNdikhoyo: Mhla ndazinyulela uSirayeli, ndafunga ndamisa izibhozo phambi kwesizukulwana sendlu kaYakobi, ndaza ndazityhila kubo eJiputa. Ewe, ndamisa isibhozo, ndathi kubo: 'Mna ndinguNdikhoyo uThixo wenu.'

6Ngaloo mhla ndafunga kubo ndathi ndiya kubakhupha eJiputa, ndibase kwilizwe endibafunele lona, ilizwe eliphuphuma ubisi nobusi, elona lizwe lilibhongo emazweni.

7Ndaza ndathi kubo: 'Omnye nomnye kuni makahlukane nemifanekiso enezothe esenizimisele kuyo, niyeke ukuzigqwalisa ngezithixo zaseJiputa. Ndim uNdikhoyo uThixo wenu.'

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8“Bandivukela, bala ukundiphulaphula, abayilahla imifanekiso enezothe ababezimisele kuyo, abazilahla izithixo zaseJiputa. Ndatsho ke ukuthi ndiya kuyikhuphela kubo ingqumbo yam; baya kuwuva umsindo wam eJiputa.

9Kodwa ngenxa yegama lam ndenza ngako konke ukuba lingabandakanywa nokungendawo zizizwe abahlala phakathi kwazo nendizityhile phambi kwazo kumaSirayeli xa ndandiwakhupha eJiputa.

10Ndawakhupha ke eJiputa, ndaza ndawazisa entlango.

11Ndawanika imimiselo yam, ndawabekela nemithetho yam, ngokuba umntu oyithobelayo uya kudla ubomi ngayo.

12Ndada ndawamisela iMihla yam yokuPhumla njengomqondiso phakathi kwam nawo, ukuze azi ukuba mna Ndikhoyo ndiwenze abantu ababodwa.

13“Kodwa kuko konke oku abantu bakwaSirayeli bandivukela entlango, bayityeshela imimiselo yam, bayilahla imithetho yam – nakuba lowo uyithobelayo eya kudla ubomi ngenxa yayo – bayinyelisa kwaphela iMihla yam yokuPhumla. Ndatsho ukuthi ndiya kuyikhuphela kubo ingqumbo yam, ndibatshabalalise entlango.

14Kodwa ngenxa yegama lam ndenza ngako konke ukuba lingenyeliswa emehlweni ezizwe abahlala phakathi kwazo nezandibona xa ndadibakhupha.

15Kwakhona ndafunga entlango ndisithi andiyi kubasa kwilizwe endabanika lona, ilizwe eliphuphuma ubisi nobusi, ilizwe elilibhongo emazweni,

16kuba bayilahla imithetho yam, baza bayityeshela imimiselo yam, bayinyelisa iMihla yam yokuPhumla. Kaloku babethe swii zizithixo zabo.

17Kodwa ke noko ndaba nenceba kubo, ndaza andabatshabalalisa baphelele entlango.

18Entlango ndithe kubantwana babo: ‘Maze ningahambi ngemimiselo yooyihlo, okanye nithobele imithetho yabo, nizigqwalise ngezithixo zabo.

19Mna ndinguNdikhoyo uThixo wenu; yenzani ngokwemimiselo yam, niyithobele imithetho yam ngononelelo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

20Yigcineni iyodwa iMila yam yokuPhumla, ukuze ibe ngumqondiso phakathi kwam nani. Kwakuba njalo niya kwazi ukuba mna ndinguNdikhoyo uThixo wenu.’

21“Kodwa nabo abantwana bandivukela, bayityeshela imimiselo yam, baza abayigcina imithetho, nakuba umntu oyithobelayo aya kudla ubomi ngayo, bayinyelisa iMihla yam yokuPhumla. Ngako oko ndathi ndiya kuyikhuphela kubo ingqumbo yam, uphelele kubo umsindo wam entlango apho.

22“Kodwa ke noko ndazibamba ngenxa yegama lam, ndenza ngako konke endinako ukuba linganyeliswa ezintlangeni abahleli phakathi kwazo nezandibonayo xa ndandibakhupha.

23Ndaza ke entlango apho ndafunga kubo ndiphakamise isibhozo ukuba ndiya kubacitha-chitha babe ziimbacu emazweni,

24kuba kaloku abayithobelanga imithetho yam, bayilahla nemimiselo yam, bayinyelisa neMihla yam yokuPhumla, balangazelela izithixo zooyise.

25Ndabayeka bahamba ngemimiselo engeyiyo, bathobela nemithetho abangenakudla ubomi ngayo;

26ndabayeka bazigqwalisa ngeminikelo yabo – idini lezibulo – khon' ukuze batsho barhwaqele, ze bandazi mna ukuba ndinguNdikhoyo.

27“Ngoko ke, mntundini, thetha nabantu bakwaSirayeli, uthi: Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Ooyihlo bandinyelisa ngokungathembeki.

28“Ndathi ndakufika nabo kumhlaba endandifungile ukuba ndiya kubanika wona, bona baba ngábona induli ephakamileyo okanye umthi oqhamileyo, basuka benza amadini neminikelo, into eyandixhokonxayo, bade banikela nangeziqhumiso ezivumba limnandi nangezinto ezithululwayo.

29Ndabuza ndathi kubo: ‘Sisiphi esi sibingelelo niquqela kuso?’ ” (Nanamhla oku kuthiwa sisibingelelo.)

Isigwebo nobuyiselo

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

30“Ke ngoko yithi kwindlu kaSirayeli: Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi:
Ngaba niza kuzigqwalisa nixele ooyihlo, nilangazelela izithixo ezinezothe?
31Xa ninikezela izipho zenu – idini elingoonyana benu emlilweni –
niyazigqwalisa nangoku ngezithixo zenu. Ke, mzi kaSirayeli, nithi
mandiniyeke nibuzise kum? Ndiyafunga, mna Nkosi Ndikhoyo, andisokuze
ndiyivume loo nto.
32“Nina nithi: ‘Sifuna ukufana nezinye iintlanga, nabanye abantu behlabathi
abanqula umthi nelitye.’ Kodwa ayisokuze ihle loo nto niyifunayo.
33Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Ndiyafunga, ndiza kunilawula
ngesandla esigadalala, niyive ingqumbo yam.
34Ngamandla am amakhulu ndiya kuniphuthuma ezizweni, ndinibuyise
emazweni ebenibhacele kuwo ngenxa yengqumbo yam.
35Ndiya kunibeka kwintlango yeentlanga, ndinigwebe sijongene ubuso
ngobuso.
36“Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Ndiya kunigweba njengoko
ndandenzile kooyihlo kwintlango yaseJiputa.
37Ndiya kunalusa nihambe phantsi komsimelelo wam, ndinifake phantsi
kwembophelelo yomnqophiso.
38“Ndiya kubakhuphela ngaphandle abo banenkani bandivukelayo. Nakuba
ndiya kubakhupha kwilizwe abaphambukele kulo, kodwa abayi kungena
kwilizwe lakwaSirayeli. Niya kuqonda ngoko ukuba ndinguNdikhoyo.
39“Kuni ke, ndlu kaSirayeli, itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Hambani
nonke ngabanye, niye kunqula izithixo zenu ezinezothe. Kodwa kamva niya
kundiphulaphula, nahlukane nokunyelisa igama lam elingcwele ngeminikelo
nezithixo zenu.
40“Nanku umlomo weNkosi uNdikhoyo: Phezu kwentaba yam eyodwa, intaba
ephakamileyo kaSirayeli, apho kanye elizweni, kulapho iya kundinqula
khona indlu kaSirayeli iphela, nam ndoyamkela. Apho ndiya kuyifuna

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

imirhumo yenu neminikelo yenu ekhethiweyo kwakunye namadini enu awodwa.

41Ndiya kunamkela okwesiqhumiso esivumba limnandi xa ndiniphuthuma ezizweni ndinihlanganisa kuloo mazwe nibhacele kuwo, ndize ndizityhile ubungcwele bam kuni, ezinye izizwe zibona.

42Niya kundazi ukuba ndinguNdikhoyo xa ndiningenisa elizweni lakwaSirayeli, ilizwe endafunga ndamisa isibhozo ukuba ndiya kulinikezela kooyihlo.

43Apho ke niya kuyikhumbula indlela ebeniziphethe ngayo, nezenzo zenu ezinigqwalisileyo, nize nizizonde ngobugwenxa benu.

44Niya kundazi ukuba ndinguNdikhoyo xa sendinibonelela egameni lam, ndingazinanze nganto iindlela zenu ezigwenxa nezenzo zenu zenkohlakalo, ndlu kaSirayeli. Nguwo lowo umlomo weNgangalala iNkosi uNdikhoyo.”

Intshumayelo echasene nomzantsi

45Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

46“Mntundini, bheka emzantsi, wenze intshumayelo echasene nomzantsi namahlathi awo.

47Yithi kwihlathi lomzantsi: Live izwi likaNdikhoyo. Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Ndiza kukuntumeka ngomlilo oya kutshisa yonke imithi yakho eluhlaza neyomileyo. Akukho uya kulicima idangatye elivuthayo elosuka ligqatse bonke ubuso ngezantsi nangentla elizweni.

48Wonke umntu uya kuqonda ukuba ngumlilo ophenjwe ndim Ndikhoyo, kuba awuyi kucima.”

49Ndithe ke mna: “Yini, Ngangalala Ndikhoyo, baza kuthi: ‘Úyantsonkotha kwakhona!’ ”

UHezekile 21

IBhabheli likrele lokugweba likaThixo

1Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

© 1996 Bible Society of South Africa.

2“Mntundini, bhekisa eJerusalem, usikhalimele isibingelelo kwanelizwe lakwaSirayeli.

3Yithi kulo: Utsho uNdikhoyo ukuthi: Ndichasene nawe! Ndiya kulithi rhuthu ikrele lam esingxobeni salo, lidle kolilungisa nakokhohlakeleyo ngokufanayo.

4Njengoko ndiza kubulala olilungisa nokhohlakeleyo ikrele lam liza kugwaza bonke abantu ukusuka emzantsi kuye emntla.

5Baya kuqonda ngoko ke bonke abantu ukuba mna Ndikhoyo ndilikhuphile ikrele lam esingxobeni salo; kwaye alisokube liphinde libuyele.

6“Ngako oko, mntundini, yenza incwina! Yenze phambi kwabo incwina yentliziyo eyaphukileyo nokudandatheka okukhulu.

7Bakuthi bakubuza: ‘Yincwina yani na le uyenzayo?’ wophendula ngelithi: ‘Ndenziwa ludaba oluzayo. Luya kuzenza iintliziyo zibe nedyudyu, aphele amandla ezandleni; iya kudakumba imiphefumlo, agevezele amadolo.’ Luyeza! Luyeza, itsho iNkosi uNdikhoyo.”

8Ndive ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

9“Mntundini, shumayela uthi: Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Ikrele, ikrele, intshengeca ebengezelayo,

10eseyilungele ukugwaza, ibengezela okombane ulenyeza. Khawutsho, nyana, ngaba singavuya na umsimelelo ugeca yonk' imithi?

11Ikrele selilungele ukusulwa ligude lize kuthiwa hlasi ngesandla; ewe, lilolwe labengezela, lilungele isandla somgwazi.

12Khala wenze isijwili, mntundini, kuba liza kudla kubantu bam, liza kudla ezinkosini zakwaSirayeli. Ziza kuba sisisulu sekrele zona nabantu bam. Hlunguzelisa intloko wena;

13luyeza lona uvavanyo. Bekutheni ukuze uwudele umsimelelo? Hayi, alusayi kuba nampumelelo, itsho iNgangalala uNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Ngako oko shumayela, mntundini, ude ubethe ngesandla. Ikrele maligwaze kabini, okanye kude kube kathathu. Likrele lokutshabalalisa; ewe, ikrele lokubhubhisa liza kuvela macal' onke.

15Ziya kugubha iintliziyo nabafayo baya kuba yinyambalala, kuba ikrele lentshabalalo liya kuba kumasango onke. Awu! Liya kumenyezela okombane, kuba lithiwe qhiwu ukuze ligwaze.

16Awu, krele, yidla kosekunene, udle kosekhohlo, nakuwo onke amacala.

17Nam ngokwam ndiya kubetha ngesandla, nengqumbo yam iya kuthotha. Ndithethile mna Ndikhoyo."

18Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

19"Mntundini, khomba iindlela ezimbini eziya kukhokela umkhosi wokumkani waseBhabheli kweli lizwe. Zombini ezi ndlela maziphume ndawonye. Yenza umqondiso kuloo ndawo iphambuka khona indlela eya esixekweni.

20Umkhosi walathise indlela eya kwiRabha yama-Amon, uze uwalathise nendlela eya kwaJuda esixekweni esinqatyisiweyo saseJerusalem.

21Kaloku ukumkani waseBhabheli uya kunqumama ekudibaneni kweendlela zombini, afune umqondiso. Uya kwenza amaqashiso ngeentolo, avumise kwizithixo zakhe; uya kujonga nasesibindini.

22Iqashiso lesandla sasekunene liya kumalathisa eJerusalem, apho aya kumisa khona izigodo zokudiliza, ayalele ukuba ikrele malidle emntwini, ahlabe umkhosi wokudiliza amasango ngezigodo zakhe, akhe izikanisi ezayame iindonga zokunqabisa, asirhangqe isixeko.

23Umqondiso uya kuba ngathi yimpazamo kwabo baya kuba bephantsi kolawulo lwakhe eJerusalem. Kodwa uya kubakhumbuza ngobutyala babo, abathimbe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

24“Ke ngoko uthi uNdikhoyo iNgangalala: Ngenxa yokuba, bantundini, ityala
lenu nilibonakalise nazicacisa ukuba ningabavukeli, nazityhila nezono zenu
ngazo zonke izenzo zenu, ngoko ke niya kuthinjwa.

25“Wena nkosana yakwaSirayeli ehlazekileyo nekhohlakeleyo, ifikile eyakho
imini; ixesha lokohlwaywa lilo eli.

26Itsho iNgangalala iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Khulula iqhiya, uthule
isithsaba. Izinto ziguqukile: obesezantsi uza kuphakanyiswa, aze athotywe
ophakamileyo.

27Inxuwa! Inxuwa! Isixeko ndosenza sibe linxuwa – nxuwa elo lingayi
kuvuswa de afike lowo ufanele ukulivusa. Isixeko ndiya kusinikela ezandleni
zakhe ke.

28“Wena ke, mntundini, shumayela uthi: INgangalala uNdikhoyo ibhekisa
kuma-Amon nezingcikivo zawo, ithi: “Ikrele, ikrele lokubulala, liyabengezela,
lifuna emntwini, limenyezela okombane.

29Nakuloo mibono ingeyonyani, mibono leyo ingawe, xa kuvunyiswa ngawe,
wozitsheca iintamo zabakhohlakeleyo abafanele ukubulawa; kuba imini yabo
ifikile, ixesha lokohlwaywa kwabo ligalelekile.

30Libuyisele ikrele esingxobeni salo; mna ndiya kukohlwayela kuloo ndawo
yokuvela kwakho; ewe, ndokugweba elizweni looyihlo-mkhulu.

31Ndiya kuyikhuphela kuwe ingqumbo yam, ndikuvuthulule ngoshushu wona
umsindo. Ndiya kukwenza ixhoba lezikrelemnqa, amachule kanye
okubhubhisa.

32Uya kutsha njengeenkuni emlilweni; igazi lakho liya kuphalala
kwelakowenu. Uya kulityalwa ukuba wakha wakho. Kaloku ndithethile mna
Ndikhoyo.”

UHezekile 22

Izono zeJerusalem

1Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

2“Mntundini, sigwebe, ewe, sigwebe esi sixeko siphalaza igazi! Sixelele zonke izenzo zaso ezinezothe,

3uthi: Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Yeha, sixekondini esizibizela intshabalalo ngegazi eliphalazwa phakathi kuso nesizigqwalisa ngezithixo eziqingqiweyo,

4unetyala ngenxa yegazi oliphalazileyo, wazigqwalisa ngezithixo oziqingqileyo. Iintsuku zakho zifezekile, nesiphelo seminyaka yakho sesisondele. Ngako oko ndiza kukwenza into ephoxekileyo phakathi kweentlanga, ube yintlekisa emazweni onke.

5Uya kuphoxwa ngabakufutshane nabakude, sixekondini esidume kakubi, nesizele luqhushululu.

6“Khangela iinkosi zakwaSirayeli ezihlala kuwe zisebenzisa amagunya azo ukuze ziphalaze igazi.

7Kuwe, Jerusalem, abantwana ababenzeli imbeko ooyise noonina. Bayacinezelwa abangeneleli; ziphathwa kakubi iinkedama nabahlolokazi.

8Zideliwe izinto ezinikelwe kum, yaxajelwa iMihla yam yokuPhumla.

9Apho kuwe kunyakazela amadoda anolwimi, azimisele ukuphalaza igazi; apho kuwe kuhlala abantu abadla kwizibingelelo zasezintabeni, benze neentlondi.

10Apho kuwe kuhlala amadoda alala nabafazi booyise, alala nabafazi abasexesheni, benomlaza ke ngoko.

11Apho kuwe kuhlala amadoda alala nabafazi babamelwane, noomolokazana bawo, noodade bawo ngokooyise.

12Apho kuwe kukho amadoda athengwayo ukuba abulale; kukho abadlela abanye ngokubabiza ingeniselo egqithileyo abamelwane ababolekise ngemali kubo. Mna undilibele, itsho iNkosi uNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13“Ngokwenene mna ndiya khamnqa ngenxa yengeniselo yakho yobuqhetseba
nokuphalaza kwakho igazi.

14Ngaba uya kuba naso na isibindi kwanamandla mhla sahlangana? Nditshilo
nje mna Ndikhoyo nditshilo, ndiya kuyenza loo nto.

15Ndiya kukusarhaza phakathi kweentlanga, utsho uphalale kwamanye
amazwe; kunjalo nje ndiza kuwuphelisa umlaza onawo.

16Zakukubona uxabhelekile ezinye izizwe uya kutsho uqonde ukuba
ndinguNdikhoyo.”

Iziko likaThixo lokunyibilikisa

17Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

18“Mntundini, indlu kaSirayeli xa iyonke kum seyinjengentlenge yobhedu,
nenkcenkce, nesinyithi, nelothe. Ewe, injengentlenge yesiliva esele kwiziko
lokunyibilikisa.

19Ke ngoko itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Njengoko niyintlenge ndiza
kunibutha nonke, ndinibuthele eJerusalem.

20Ndiya kuxelisa amadoda xa ebutha isiliva, nobhedu, nesinyithi, nelothe,
nenkcenkce, aze aziphose kwiziko lokunyibilikisa, awuvuthele umlilo. Nam
emsindweni wam nakwingqumbo yam ndiya kuniphosa esixekweni,
ndininyibilikise.

21Ndiya kunibutha ndinivuthele ngomsindo wam ovuthayo, ninyibilikele
eJerusalem.

22Niya kunyibilikela kuyo nixele isiliva inyibilikela eziko. Xa kunjalo ke niya
kwazi ukuba mna Ndikhoyo ndiwukhuphele kuni umsindo wam.”

Ubutyala beenkokheli

23Kwakhona ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

24“Mntundini, yithi kweli lizwe: ‘Ungumhlaba ongafumananga zimvula
namikhwitsho ngexesha lengqumbo.’

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

25Kukho iyelenqe leenkosana zawo elifana noburhalarhume bengonyama egqumayo, iqwenga ixhoba. Ziyabaqwenga abantu, zibaphanga izinto zabo zexabiso, zitsho ilizwe lazala ngabahlolokazi.

26Ababingeleli balo mhlaba bayawugqwetha umthetho wam; bayazixabhela izinto ezinikelwe kum; abahluli phakathi kwento eyodwa nento nje; abawucacisi umahluko phakathi kwento enomlaza nenyulu;abakukhathalele ukuhlonitshwa koMhla woPhumlo; ngoko nditsho ndanyeliseka phakathi kwabo.

27Amagosa alo mhlaba anjengeengcuka eziqwenga amaxhoba: aphalaza igazi, abulale abantu, asekeleze inzuzo yobutshijolo.

28Ezi zenzo abashumayeli bazihombisa ngemibono engeyonyani nangezihlabo zobuxoki, besithi: 'Itsho iNkosi uNdikhoyo,' abe uNdikhoyo engakhange athethe.

29Abantu balo mhlaba bayabaxhaphaza abanye; bayabakhuthuza nokubakhuthuza; bayawacinezela amahlwempu neembedlenge; bayabadlakathisa abangeneleli, babaphathe ngokungekho mthethweni.

30"Ndafuna phakathi kwabo indoda yokwakha udonga, ize ime esikrobeni phambi kwam, imele ilizwe, ukuze mna ndingalitshabalalisi; kodwa andiyifumani.

31Ngoko ke ndiza kuyikhuphela kubo ingqumbo yam, ndibatshabalalise ngobushushu bomsindo wam, bavune loo nto bayihlwayeleyo, itsho iNgangalala uNdikhoyo."

UHezekile 23

Ukungathembeki kuNdikhoyo kweSamariya neJerusalem

1Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

2"Kwakukho abafazi ababini abâzalwa beziintombi zomfazi omnye.

3Babengamahenyukazi kwaseJiputa beselula. Apho kwelo zwe babephathwa-phathwa amabele, becofwa-cofwa iingono.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Igama lalo mkhulu lalinguOhola, udade wabo omncinane inguOholibha.
Yayingabam, baza bandizalela oonyana neentombi. UOhola yiSamariya,
uOholibha yiJerusalem.

5“UOhola wabuqala ubuhenyukazi esengowam, wasemva kwezithandwa
zakhe, ama-Asiriya, amadoda omkhosi,

6wona egaxele impahla yawo ezuba; ewe, abalawuli nabaphathi-mkhosi, onke
ingamagatyana anomkhitha nomfaneleko xa ekhwele emahashini awo.

7Waba lihenyukazi lazo zonke izinxiba-mxhaka zaseAsiriya, wazenyelisa
ngezithixo zabo bonke awayebabawela.

8Akabuyekanga ubuhenyukazi awayebuqale eJiputa ebutsheni bakhe, apho
abafana babelala naye, bamphatha-phathe amabele, bemnyumbazela
ukufeba.

9“Ndasuka ke mna ndamyekela kwizithandwa zakhe ama-Asiriya
awayezilangazelela.

10Zamhluba, zabathatha oonyana neentombi, zaza yena zamtyakatya
ngekrele. Waba ngundaba-mlonyeni kwabanye abafazi, waza wohlwaywa.

11“Udade wabo uOholibha wakubona konke oku, kodwa wagabadela
kunodade wabo ngobufebe nobuhenyukazi.

12Naye wafeba nama-Asiriya, abalawuli nabaphathi-mkhosi, amadoda
omkhosi egaxele impahla yawo, ekhwele emahashini awo, onke
ingamagatyana anomkhitha.

13Naye ndambona ezinyelisa ngokuhamba ngekhondo lodade wabo.

14“Wade wagqithisa. Wabona imifanekiso yamadoda aseBhabheliizotywe
eludongeni ngepeyinti ebomvu,

15ebhinqe iibhanti zawo, ethwele iiqhiya ezibhabha emoyeni, yaza yanga
ngamagosa omkhosi weenqwelo zokulwa zaseBhabheli, amaKaledi
ngokwawo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

16Uthe akuyibona le mifankeso wawalangazelela la madoda, wathumela izigidimi kuwo kwelamaKaledi.

17Agaleleka ke amadoda aseBhabheli, angena emandlalweni, alala naye. Kamva asuke aba nezothe kuye, wawalahla.

18Uthe akubuqhuba phandle ubuhenyukazi, wangumntu ongawukhathaleleyo umzimba wakhe, ewuhluba engenantloni, nam ndamlahla, ndaxelisa mini ndalahla udade wabo.

19“Wasuka waya ehambela phambili emanyaleni ngokungathi ukhumbula ubutsha bakhe bobuhenyukazi eJiputa.

20Wayefeba nezithandwa zakhe ezibudoda bufana nobedonki nezimchamela okwehashe.

21Kube njalo ke ukulangazelela iintlondi zobutsha bakho eJiputa apho wawuphathwa-phathwa amabele, ucofwa-cofwa iingono.

22“Ngako oko, Oholibha, iNgangalala uNdikhoyo ithi: Ndiza kuzifunza kuwe izithandwa zakho, eziya ubuzilahle kuba uzenyanya; ziza kuphuma macalana onke:

23ezaseBhabheli namaKaledi, abafo basePekodi, eShowa, naseKhowa, nawo onke ama-Asiriya, amagatyana, abafana abanomkhitha, abalawuli, abaphathi-mkhosi, amagosa eenqwelo zokulwa, nezinye izithwala-ndwe, bonke bekhwele emahashini abo.

24Baza kukuhlasela ngezixhobo, ngeenqwelo zomkhosi, nezinye iinqwelo, kwakunye nesihlwele sabantu; uya kurhawulwa macalana onke ngabantu abaphethe amakhaka neengweletshetshe, benxibe iminqwazi yesinyithi. Ndiya kukunikezela kubo ukuze bakohlwaye ngokwesiko labo.

25Ndiya kuwukhuphela kuwe umsindo wobukhwele bam, nawe uya kuwuva umsindo wabo ovuthayo. Baya kukususa impumlo neendlebe, aze amasalela abulawe ngekrele. Baya kubathimba oonyana bakho neentombi, baze abaseleyo baphoswe emlilweni.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

26Baya kukukhululisa impahla, bazihluthe izihombo zakho.

27Ndiya kuphelisa ubufebe nobuhenyukazi owabuqala eJiputa. Uza kuyeka ukuzilangazelela ezo nto, uyilibale neJiputa.

28“Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Ndiza kukunikezela kwabo ubathiyileyo, abo ubafulathele kuba benezothe.

29-30Baza kuyikhuphela kuwe intiyo yabo, bazihluthe izinto ozibileleyo. Baya kukushiya uze, ihlazo lobuhenyukazi lakho litshiswe lilanga. Konke oku kungenxa yobufebe namanyala akho, kuba kaloku unqwenele ezinye iintlanga waza wazigqwalisa ngezithixo zazo.

31Ulandele ikhondo lodade wenu; ngako oko uza kurhabula kwindebe yakhe.

32“Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: “Uya kurhabula kwindebe yodade wenu enomthamo omkhulu; iya kukuzisela ukuphoxeka, kuba ithwele lukhulu.

33Uya kunxila kube lusizi yindebe yokuphalala nembubho, indebe yodade wenu uSamariya.

34Uya kuyisela uyifince; uya kuyicumza ibe ziingceba, uwaphale amabele akho. Ndithethile, itsho iNgangalala uNdikhoyo.

35“Ngoko ke itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Kuba usuke wandilibala, wandifulathela, uza kusithwala isono sokufeba nobuhenyukazi bakho.”

36Wathi kum uNdikhoyo: “Mntundini, bagwebe oo-Ohola no-Oholibha! Baxelele ngezenzo zabo ezibi,

37kuba bakrexezile, baza baphalaza igazi. Bakrexezile nezithixo zabo; bade benza amadini ngabantwana babo ababendizalele bona, batyisa izithixo.

38Naku abakwenzileyo kum: kwangelo xesha basigqwalisile isibingelelo sam, bawunyelisa noMhla wam wokuPhumla.

39Kanye ngalo mhla benza idini ngabantwana babo kwizithixo zabo, bangena esibingelelweni sam, basigqwalisa. Nantso ke into abayenzileyo endlwini yam.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

40“Bade bathumela izigidimi emadodeni, afika evela kude, aza athi akufika
nahlamba umzimba, nisenzela wona, naqaba amehlo, nafaka izihombo zenu.

41Nahlala esofeni emfuma-mfuma, kwamiswa itafile phambi kwayo, ithwele
iziqhumiso namafutha am.

42“Kwavakala intswahla yesihlwele sabantu abagcobileyo kuloo ndawo
wayekuyo; amaSabheya entlango eza nomxukuxela, aza afaka izacholo
ezingalweni zomfazi lowo nodade wabo, abathwalisa nezithsaba entloko.

43Ndaza ndathi ngalowo selegqityiwe kukukrexeza: ‘Ke ngoku mabamqhube
njengehenyukazi, kuba kakade ulilo.’

44Balala naye ke. Ngokwamadoda elala nehenyukazi balala nazo ezo zifebe
zabafazi uOhola no-Oholibha.

45Kodwa wona amadoda angamalungisa aya kubohlwaya ngesohlwayo
sabafazi abakrexezayo nabaphalaza igazi, kuba bengabakrexezi abazandla
zibomvu ligazi.”

46Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: “Babizele imbizo barhwaqeliswe
baphangwe.

47Imbizo iya kubaxuluba ngamatye, ibatyakatye ngamakrele; iya kubulala
oonyana neentombi zabo, itshise izindlu zabo.

48“Ndiya kwenjenjalo ukuphelisa ubufebe kweli lizwe, khon' ukuze bonke
abafazi balulekwe, bangahambi ekhondweni lenu.

49Niza kohlwaywa ngobufebe benu nangezono zenu zokunqula izithixo.
Kwakuba njalo ke niya kwazi ukuba ndiyiNkosi uNdikhoyo.”

UHezekile 24

Imbiza yokupheka

1Ngomhla weshumi ngenyanga yeshumi yonyaka wesithoba ndeva ilizwi
likaNdikhoyo lisithi:

© 1996 Bible Society of South Africa.

2“Mntundini, wubhale phantsi lo mhla, kanye lo, kuba ngawo uyirhangqile
iJerusalem ukumkani waseBhabheli.

3Benzele umzekeliso abendlu yabavukeli, uthi: Itsho iNkosi uNdikhoyo
ukuthi: “Beka imbiza eziko; ugalele kuyo amanzi.

4Sikelela inyama, uyigalele kuyo, iindawo ezikhethiweyo zona zomlenze
nomkhono. Mayizale ngawona-wona mathambo,

5eyona-yona mpahla isebuhlanti. Yibasele kakhulu imbiza yakho; de ibile,
avuthwe namathambo akuyo. “Kuba itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi:

6“Yeha sixeko sabagwinti, esiyintshela namhla embizeni; akuyi kubhungca
nesuntswana! Iya kuphakwa ngezidungulwana, kungenziwanga maqashiso
ngazo.

7Kuba igazi awaliphalazayo liyakhala. Kaloku waliphalazela etyeni,
akaliphalazelanga emhlabeni apho beliya kutshona eluthulini.

8Ngenxa yokuxhokonxwa komsindo nempindezelo igazi lakhe ndoliphalazela
etyeni, khon' ukuze lingafihlakali.

9“Ngako oko itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: “Yeha, sixekondini segazi!
Nam ndiza kufumba iinkuni!

10Fumba iinkuni, uphembe eziko, uwubase umlilo, uyiphekisise inyama,
uyigalele izinongo, uyipheke ade atshe amathambo.

11Ndiya kuyibasela eziko imbiza ingasenanto, itshe ibe bomvu ngumlilo,
ukuze kunyibilike izothe layo nentshela itshe iphele.

12Kaloku ayiva ukuhlala kwayo; intshela yayo ayisuki naxa seyifakwa umlilo.

13“Ngoku izothe lakho bubufebe. Ngexesha endandizama ukuba ndikwenze
ucoceke, akufunanga. Ke ngoko akuyi kucoceka de ingqumbo yam kuwe
ithothe.

14“Ndithethile mna Ndikhoyo. Lifikile ixesha lokuba ndenze. Andiyi
kulibazisa. Andizi kuba nanceba, ndingayi kubuya mva. Uza kohlwaywa

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ngokwesimilo sakho nezenzo zakho. Nguwo lowo umlomo weNgangalala uNdikhoyo.”

Ukufa komfazi kaHezekile

15Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

16“Mntundini, ngesithonga nje esinye ndiza kukuhlutha lowo umthanda kunene. Maze ungakhali, okanye wenze isililo, okanye ube nyembezana.

17Uze ungqukruleke nje, kodwa ungamzileli lowo ufileyo. Uze uwuthwale umnqwazi wakho, neembadada zakho ungazikhululi, ungazigqumi iindevu zakho, ungakutyi ukutya kwesiqhelo komntu ozilileyo.”

18Kusasa ke ndathetha nabantu, yaza inkosikazi yam yasweleka ngokuhlwa. Ngentsasa elandelayo ndenza ngokomyalelo.

19Baza abantu bandibuza bathi: “Khawusixelele, thina singena phi apha?”

20Ndaza ndathi kubo: “Ndive ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

21Xelela indlu kaSirayeli uthi: Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Ndiza kusixabhela isibingelelo sam – inqaba yenu yeqhayiya, leyo ithi kuni: ‘Ndijonge,’ into eniyithanda kunene. Oonyana neentombi zenu enizishiyileyo ziza kubulawa ngekrele.

22Niya kuxelisa mna: aniyi kuzigquma iindevu zenu, ningayi kukutya nokutya kwabazili njengesiqhelo.

23Niya kuhlala niyithwele iminqwazi yenu, neembadada nosoloko nizinxibile. Aniyi kuzila, aniyi kulila, kodwa nosuka niye niphela ngokuphela emzimbeni ngenxa yesono senu; niya kungqukruleka nje kuphela.

24Uya kuba ngumqondiso kuni uHezekile; niya kuxelisa yena. Xa kunjalo niya kwazi ukuba mna ndinguNdikhoyo iNkosi.

25“Ke wena, mntundini, mhla ndayisusa inqaba yabo, uchulumanco nozuko lwabo, uvuyo lwamehlo abo, eyona nto ithe ngco ezintliziyweni zabo, kwanoonyana neentombi zabo,

© 1996 Bible Society of South Africa.

[26]uya kufika kuwe obhungcileyo ekuphathele iindaba.

[27]Umlomo wakho uya kuvuleka ngoko nangoko; uya kuthetha naye kuba ungenakuthula. Ke ngoko uya kuba ngumqondiso kubo, baze baqonde ukuba ndinguNdikhoyo.”

UHezekile 25

Udaba olukhaba ama-Amon

[1]Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

[2]“Mntundini, bhekisa kuwo ama-Amon, uwakhalimele,

[3]uthi: Yivani izwi leNkosi uNdikhoyo: Ithi iNgangalala uNdikhoyo: Ngenxa yokuba nathi: ‘Tshotsho!’ kwisibingelelo sam mhla saxajelwa, nakwilizwe lakwaSirayeli mhla labhukuqwa, nakwisizwe sakwaJuda mini sathinjwa,

[4]ke mna ndiza kuninikezela kwisizwe sasempuma, nize nibe sezandleni zaso. Baya kumisa iikampu zabo, beme phakathi kwenu; baya kuzitya iziqhamo zenu, bawatye amasi eenkomo zenu.

[5]IRabha ndiya kuyenza ibe lidlelo leenkamela; yona iAmon yoba ligquba leegusha. Xa kunjalo ke niya kundazi ukuba ndinguNdikhoyo.

[6]Kaloku itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Naqhwaba izandla, nadyusha ngenxa yemincili, nalivuyelela izwe lakwaSirayeli.

[7]Ngenxa yoko ndiza kusolula isandla sam, ndinenze nibe lixhoba leentlanga. Ndiya kuninqamla kwezinye izizwe, ubuzwe benu bufadalale. Ndiya kunibhubhisa nitsho nazi ukuba uNdikhoyo ndim.”

Udaba olukhaba amaMowabhi

[8]Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: “IMowabhi neSeyire zithi: ‘Jonga, indlu kaJuda ifana nezinye izizwe ngoku.’

[9]Ngenxa yoko ndiza kuliyekela ngeentshaba ilizwe laseMowabhi, nditsho iqhayiya layo, izixeko zayo ezisemdeni, iBhete-yeshimoti, iBhali-meyon, neKiriyatayim.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10IMowabhi kwakunye nama-Amon ndiza kuyinikezela ibe lilifa lezizwe zasempuma, khon' ukuze ama-Amon angaze akhunjulwe ezimbalini zezizwe.

11Ndiza kuyohlwaya iMowabhi. Iya kutsho indazi ukuba ndinguNdikhoyo!”

Udaba olukhaba iEdom

12Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: “IEdom ikhuphe isixhiba kwindlu kaJuda, yaza ngokwenjenjalo yanetyala elikhulu.

13Ngenxa yoko iNgangalala uNdikhoyo ithi: Isandla sam ndiya kusolulela e-Edom, ndibulale abantu nemfuyo yabo. Ndiya kuyitsho ibharhe, ndibabulale ngekrele ukusuka eTeman kuye kutsho eDedan.

14IEdom ndiya kuyiphindezela ngesandla sabantu bam amaSirayeli, abaya kwenza kwiEdom ngokwengqumbo nomsindo wam. Baya kuyazi impindezelo yam, itsho iNkosi uNdikhoyo.”

Udaba olukhaba amaFilistiya

15Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: “AmaFilistiya aziphindezele ngenzondo, kuba iintliziyo zawo zithe minxi yinkohlakalo ezalwa bubutshaba obudala, bezimisele ukumtshabalalisa uJuda.

16Ngenxa yoko iNgangalala uNdikhoyo ithi: Ndiza kusolula isandla sam side sifike kumaFilistiya, ndiwatshabalalise amaKrete, ndide ndigqogqe nalawo emi phezu konxweme lolwandle.

17Ndiya kuziphindezela ngamandla kuwo, ndiwohlwaye ndinomsindo. Xa sendiziphindezela baya kundazi ukuba ndinguNdikhoyo.”

UHezekile 26

Udaba olukhaba iTire

1Ngomhla wokuqala enyangeni ngonyaka weshumi elinanye, ndeva izwi likaNdikhoyo lisithi kum:

2“Mntundini, iTire ihlekise ngeJerusalem yathi: ‘Tshotsho uvuleke, sangondini eliya ezizweni! Iingcango zakho zivulelwe mna. Njengoko sewulinxuwa wena ndiza kuchuma mna.’

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Ngenxa yoko mna Ndikhoyo iNkosi ndithi: Ndikuchasile, Tire, ndaye ndiza
kukufunza ngentlaninge yezizwe, zibe ngathi ngamaza olwandle olulwayo.

4Ziya kuzidiliza iindonga neenqaba zaseTire. Ndiya kukutshayela ke konke
okudiliziweyo, iTire isale ilulwalwa,

5ibe yindawo yeminatha yabalobi beentlanzi. Kaloku ndithethile mna, itsho
iNkosi uNdikhoyo. Iya kuba lixhoba lezizwe,

6nezithanga zayo ezithe qelele nolwandle zitshabalale likrele. Xa kunjalo ke
baya kundazi ukuba ndinguNdikhoyo."

7Kaloku iNgangalala uNdikhoyo ithi: "ITire ndiya kuyithumela
ngoNebhukadenezare ukumkani waseBhabheli – ewe, ikumkani yeekumkani.
Uya kuvela ngasentla namahashe neenqwelo zakhe zemfazwe, nebubu
lomkhosi olunamadoda akhwele emahashini.

8Uya kuzingena ngekrele izithanga zakho ezimgama nolwandle. Uya
kukungqinga, azayame ngezikanisi iindonga zakho, azikhusele.

9Iindonga zakho uya kuzingquzula ngezidilizi zakhe, itsho iwe phantsi
imibhontshontsho yakho.

10Amahashe akhe aya kuba maninzi kangangokuba aya kutsho likugubungele
uthuli. Izingqi zamahashe emfazwe nengxolo yeenqwelo zokulwa iya kutsho
zishukume iindonga zakho xa engena emasangweni akho ngokwamadoda
engena esixekweni esindonga ziqhekekileyo.

11Amanqina amahashe akhe aya kuzixobonga zonke izitalato; abantu bakho
úya kubabulala ngekrele; zize ezo ntsika zomeleleyo ziwe bhuma emhlabeni.

12Ubutyebi bakho buya kuba lixhoba labo, bayithimbe nempahla orhweba
ngayo. Baya kuzidiliza iindonga zakho, namapoma ezindlu zakho zokuhlala,
baze bawaphose elwandle amatye nemithi nenkunkuma.

13Ndiza kuyiphelisa intsholo yeengoma kuwe, kwaye ayisokube iphinde iviwe
intsholo yezikhalisi zakho.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Ndiya kukwenza ufane nolwalwa olungenakuhluma nto, uze ube yindawo
yeminatha yabalobi beentlanzi. Akusokuze uphinde uvuswe, kuba kaloku
kuthethe mna Ndikhoyo iNkosi.”

15Ithi iNgangalala uNdikhoyo kwiTire: “Ngaba bebengangcangcazeli na
sisandi sokuwa kwakho abemi phezu konxweme, naxa isitsho incwina
yeengxwelerha xa ikrele lisidla kuwe?

16Ngelo xesha zonke iikumkani zamazwe onxweme lolwandle ziya kuhla
ezihlalweni zazo, ziyithi xibilili iminweba yazo, zizikhulule neengubo zazo
ezihonjisiweyo. Ziya kuhlala phantsi zizel' ululoyiko, zingcangcazela ngalo
lonke ixesha ngenxa yomothuko wento eziyibona kuwe.

17Ziya kwenza isililo ngawe, zithi kuwe: “ ‘Yehaa! Watshabalala, sixekondini
sodumo, ikhaya lamadoda aselwandle! Ubunegunya elwandle, wena nabemi
bakho, ngenxa yakho bebethuthumela bonke abahlala apho.

18Abemi baselunxwemeni bayangcangcazela ngalo mhla wokuwa kwakho;
abaseziqithini bayagubha ngenxa yokuwa kwakho.’ ”

19Ithi iNkosi uNdikhoyo: “Ndiya kukutshabalalisa ube linxuwa, kungabi
sabakho bani uhlala kuwe; ndiya kukuntywilisela enzonzobileni yamanzi
olwandle;

20ndiya kukutshonisa emhadini, ndikuhlalise ekhayeni lamanyange. Ndiya
kukwenza uhlale emathunjini omhlaba, nawe Tire ufane namanxuwa ezixeko
zamandulo. Kwanjengazo awusoze ubuye uluxhamle udumo kumhlaba
wabaphilayo.

21Isiphelo sakho siya koyikeka, kuba uya kubhujiswa kuphele. Uya kufunwa,
kodwa ungaze ufunyanwe,itsho iNkosi uNdikhoyo.”

UHezekile 27

Isililo ngenxa yeTire

1Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

2“Mntundini, yitsho isililo ngenxa yeTire.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Xelela iTire elisango laselwandle, yona erhweba neentlanga eziselunxwemeni, uthi: Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: “Wena Tire, uthi: ‘Andimhle, ndincamisile!’

4Imida yakho ibiselwandle; ubuhle bakho obuyimbalasane benziwe ngabakwakhileyo.

5Baxoze imipayini yaseSenire, bakha wena ngayo; bagawule imisedare yaseLebhanon, baxhoma amalaphu enqanawe kuyo.

6Baxoze imioki yaseBhashan, benza ngayo amaphini okugwexa; imisipresi yonxweme lwaseKiti luphahla lwakho lwenqanawe, oluhonjiswe ngomxhaka weendlovu.

7Intshinga eluphawu owaziwa ngalo yilinen ecikizekileyo yaseJiputa ekuphehlayo; amaphempe akho azuba ngawelaphu lonxweme lwase-Elisha.

8Abagwexi-nqanawe zizigantsontso zaseSidon naseArvadi; iincutshe zoomatiloshe baselwandle ziphuma kuwe, Tire.

9Amachule aseGebhali ahlala ekho kuwe, elindele ukutywina iindawo ezivuzayo. Zonke iinqanawe noomatiloshe zingqonga wena, ziko lorhwebo.

10“Umkhosi wakho unezixhipholo zamadoda, nditsho awasePeshiya, eLidiya, nasePuti. Axhome amakhaka neminqwazi ekhuselayo ezindongeni zakho, aphuhlisa ubuqaqawuli bakho.

11Macala onke eendonga zokhuselo kumi amadoda aseArvadi naseHeleki; kwimibhontshontsho yookhala ngamadoda aseGamade. Amakhaka awo axhonywe ezindongeni zakho, batsho bayimbalasane ubuhle bakho.

12“AbaseTashishe barhweba nawe ngenxa yentaphane yempahla, bakuphathele isiliva, isinyithi, itini, nelothe, ukuze bazuze impahla orhweba ngayo.

13“Barhwebile nawe abelamaGrike, abaseTubhali nabaseMesheki; bakuphathele amakhoboka nempahla yesinyithi ukuze bafumane into orhweba ngayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14“Amadoda aseBhete-togarma azise amahashe okusebenza nawemfazwe,
neemeyile, ukuze azuze impahla yakho yorhwebo.

15“Amadoda aseDedan arhwebile nawe, waza wathengisela namazwe
amaninzi aselunxwemeni; akuhlawule ngeempondo zeendlovu nangomthi
omnyama oxatyisiweyo.

16“Uthengiselene neAram ngenxa yenkitha yemveliso yakho. Yona ikunike
itekoyisi, ilaphu elimsobo, imbroda, ilinen ecikiziweyo, ikhorali, neerubhi,
ukuze izuze impahla orhweba ngayo.

17“Barhwebile nawe abakwaJuda nabakwaSirayeli; bakuphathele ingqolowa
yaseMiniti nezimuncu-muncu, ubusi, amafutha, namachiza, bazuza izinto
orhweba ngazo.

18“Ngenxa yentaphane yemveliso yakho nobutyebi bakho abaseDamasko
bathengise ngewayini yaseHelbon noboya baseZaware.

19“Ayithengile impahla yakho amaDan namaGrike aseUzali. Akuphathele
intsimbi, ikasiya, nekalamo.

20“IDedan irhwebe ngezingqwashu.

21“Babengabathengi bempahla yakho abelama-Arabhu nazo zonke iinkosi
zaseKedare. Bakuzisele amatakane eegusha, neenkunzi zeegusha
nezeebhokhwe.

22“Uthengiselene nabarhwebi baseShebha nabaseRama. Ukuze bafumane
impahla yakho bathengise ngezona-zona zinongo, nawona-wona matye
anqabileyo, nangegolide.

23“Uthengiselene nabarhwebi baseHaran, Kane, Eden, Sheba, Ashure,
nabaseKilmadi.

24Phaya emarikeni nirhwebe ngezambatho ezihle, ilaphu elizuba, imbroda,
izicangca ezimabala-bala ezimitya iphothiweyo yanamanquma.

25“Izithuthi zempahla yakho yorhwebo ziinqanawe zaseTashishe. Uyasindeka
ngumthwalo enzonzobileni yolwandle.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[26]Abagwexi-nqanawe bakho bacanda iilwandle ngawe. Kambe umoya wasempumalanga wokuqhekeza phakathi elwandle.

[27]Ubutyebi bakho, impahla orhweba ngayo, oomatiloshe neencutshe zolwandle, namagcisa okuvala iintanda, abarhwebi namajoni akho, nabo bonke abangaphakathi, baya kuzika enzonzobileni yolwandle mhla waqhekeka.

[28]Ziya kunxunguphala izizwe ezima ngaselunxwemeni, zisothuswa sisijwili soomatiloshe bakho.

[29]Bonke abagwexi baya kusaba enqanaweni; oomatiloshe namachule eenqanawe baya kuma bhuxe elunxwemeni.

[30]Baya kukhala ngezwi elikhulu, besenza isijwili esikrakra ngenxa yakho. Intloko yabo baya kuyigalela uthuli, baziqika-qike eluthuthwini.

[31]Ngenxa yakho baya kucheba iinwele zabo, banxibe irhonya. Baya kukulilela ngomoya owonakeleyo, bazile bekrakra.

[32]Baya kwenza isijwili, bazile ngenxa yakho. Baya kwenza isililo ngawe, bathi: ‘Ngubani na owakhe wathuliswa njengeTire emi elwandle?’

[33]Wawuzanelisa izizwe ezininzi ngexesha owawurhweba phesheya kolwandle; ubutyebi bakho, nempahla yakho yatsho zatyeba iikumkani zehlabathi.

[34]Ngokunje lukuqhekezile ulwandle, usenzonzobileni yamanzi; impahla yakho namahlakani akho bazike kunye nawe.

[35]Bonke abemi bonxweme ubothusile; iikumkani ziyathuthumela, zitsho zaxweba kukoyika.

[36]Abarhwebi bezizwe bayakunyevulela; usuke waba sisoyikiso, watsho ngesiphelo esibi.”

UHezekile 28

Udaba olukhaba ikumkani yaseTire

© 1996 Bible Society of South Africa.

1Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

2“Mntundini, yithi kumlawuli waseTire: Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: “Ikratshi lakho litsho uthi: ‘Ndinguthixo; ndihlala esikhundleni soothixo enzonzobileni yolwandle.’ Kodwa ungumntu, akungothixo, nokuba wena uzicingela ukuba unguthixo.

3Ngaba ulumke ngaphezu koDaneli? Akukho nto ifihlakeleyo kuwe?

4Ubulumko bakho nolwazi lwakho lukwenze waba nobutyebi; oovimba bakho bazele yigolide nesiliva.

5Ubuchule bakho ngorhwebo bukwenze wasisityebi, yaza loo nto yakubangela ikratshi.

6“Ke ngoko ithi iNkosi uNdikhoyo: “Ngenxa yokuba uzicingela ukuba unguthixo,

7ndiza kukuthumela ngabasemzini, ezona zizwe zinoburhalarhume. Ziya kubugqutha-gqutha ngekrele ubuhle nobulumko bakho, zibuxabhele ubuqaqawuli bakho.

8Ziya kukutshonisa emhadini. Apho enzonzobileni yolwandle uya kubulawa ngezikhali.

9Uya kuba satsho ukuthi: ‘Ndinguthixo,’ xa sewuhlangene nâbo bakubulalayo? Uya kuba ngumntu, ungabi nguthixo, xa usezandleni zabakugwintayo.

10Uya kufa njengodelekileyo, sewuphethwe ngabasemzini. “Nditshilo nje, nditshilo, itsho iNkosi uNdikhoyo.”

11Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

12“Mntundini, yitsho isililo ngokumkani waseTire, uthi kuye: Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: “Ubungumzekelo wemfezeko, usisilumko, ufezekile ngobuhle.

© 1996 Bible Society of South Africa.

13UbuseIdeni, isitiya sikaThixo. Ubuhombe ngawo onke amatye anqabileyo:
irubhi, itopazi, ne-emeraldi; ikrisolite, ionirhe, nejaspa, isafire, itekoyisi,
nebherile. Ebegqagqele egolideni; alungiswa kwamhla wadalwa.

14Wathanjiswa okwesithunywa esimaphiko esilondolozayo, kuba ndakumisela
njalo. Ubuhleli entabeni eyodwa kaThixo; ubuhamba-hamba phakathi
kwamatye abomvu ngumlilo.

15Ukususela kumhla wadalwa wawunesimo esisulungekileyo, suka waba
lixhoba lenkohlakalo.

16Urhwebo lwakho olugqibe lonke ilizwe lwakwenza waba sisikrelemnqa
wada wona. Ke mna ndakugxotha entabeni kaThixo, waza wahlazeka. Ewe,
ndakugxotha, wena sithunywa esimaphiko, wemka kuloo matye abomvu
ngumlilo.

17Wasuka wangenwa likratshi ngenxa yobuhle; bade bonakala nobulumko
bakho, ngenxa yokuziqhayisa ngobunzwakazi. Ndaza ke mna ndakubhuqa-
bhuqa emhlabeni, ndakwenza intlekisa yeekumkani.

18Uzixabhele izibingelelo zakho ngenkitha yezono zakho nokurhweba
ngamaqhetseba. Ke mna ndakwenza wavutha, watsho waba luthuthu
emhlabeni, kubukelwe ngababoneli.

19Zonke izizwe ebezikwazi zikhwankqisiwe nguwe. Usuke wasisoyikiso;
kaloku awusoze uphinde uvuke."

Udaba olukhaba Sidon

20Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

21"Mntundini, bhekisa kwiSidon,uyikhalimele

22uthi: Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: "Ndiyalwa nawe, Sidon. Udumo lwam
ndolubonakalisa ngawe. Abantu baya kwazi ukuba ndinguNdikhoyo xa
ndiyohlwaya iSidon, ndibonisa ubungcwele bam ngayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

23Ndiya kuyithumela ngobhubhani, nditsho izitalato zayo zibaleke igazi; iya
kuzala zizidumbu zabafe ngekrele, ikrele eliya kuvela macalana onke. Baya
kundazi ukuba ndinguNdikhoyo.

24“Abantu bakwaSirayeli baya kuyeka ukuba nabamelwane abahlekisayo
ngabo, abahlaba njengohlololwane neengcangula zameva. Baya kwazi ukuba
mna ndiyiNkosi uNdikhoyo.

25“Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Xa ndibabutha abantu bakwaSirayeli
kwezo zizwe babebhacele kuzo, ndiya kuzityhila kubo phambi kwezizwe,
bandazi ukuba ndinguThixo oyedwa. Baya kuhlala ezweni labo endandilinike
isicaka sam uYakobi.

26Baya kuhlala apho bekhuselekile, baze bakhe izindlu, batyale nezidiliya.
Baya kuba bekhuselekile xa mna ndisohlwaya abamelwane babo
ababehlekisa ngabo. Baya kwazi ukuba ndinguNdikhoyo uThixo wabo.”

UHezekile 29

Udaba olukhaba iJiputa

1Ngosuku lweshumi elinambini kwinyanga yeshumi kunyaka weshumi, ndeva
ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

2“Mntundini, bhekisa kukumkani waseJiputa, umkhalimele yena nayo yonke
iJiputa.

3Yithi: Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: “Ndiyalwa nawe, kumkani waseJiputa,
gongqongqo elikhulu elilele tywaa kwiintlambo zeNayile. Uthi: ‘INayile
yeyam; ndazidalela mna ngokwam.’

4Kodwa ndiya kukufaka igwegwe phakathi kwemihlathi, ndizitsho iintlanzi
zeentlambo zakho zinamathele emaxolweni akho. Ndiya kukurhola
ndikukhuphe emlanjeni zijinga njalo iintlanzi emaxolweni akho.

5Ndiya kukuphosa entlango wena nezo ntlanzi zasentlanjeni. Uya kuwa
elubala, ungaqokelelwa bani. Ndiya kukunikela kwizilwanyana zasendle
neentaka zezulu, ube lixhoba lazo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6“Xa kunjalo bonke abahlala eJiputa baya kwazi ukuba mna
ndinguNdikhoyo. “Ubusoloko ungumsimelelo wengcongolo wendlu
kaSirayeli.

7Bathe bakukubamba ngezandla, wasuka wakroboka, wabahlaba amanxeba
emakhwapheni; bathe bakusimelela ngawe, wasuka wee shwaqa, baza
bakruneka imiqolo.

8“Ngako oko ke ithi iNkosi uNdikhoyo: Ndiza kukuthumela ngekrele, abulawe
onke amadoda nemfuyo yakho.

9IJiputa iya kuba lilizwe elisebugxwayibeni. Baya kundazi ukuba
ndinguNdikhoyo. “Kaloku uthe: ‘INayile yeyam; ndazidalela mna ngokwam.’

10Ndiyalwa nawe ke ngoko, wena nemisinga yomlambo wakho. Ndiza
kulitshabalalisa izwe laseJiputa, libe yinkangala ukusuka eMigidoli
naseAswan kuye kuthi gaa ngemida yaseKushe.

11Akusayi kucanda mntu nasilo kulo; akusayi kuhlala mntu iminyaka
engamashumi amane.

12Ilizwe laseJiputa ndiya kulenza libe bubugxwayiba phakathi kwamazwe
abubugxwayiba, nezixeko zalo ziya kuba ngamanxuwa njengezinye iminyaka
engamashumi amane. Wona amaJiputa ndiza kuwenza abhacele ezizweni,
agqibe onke amazwe.

13“Kanti itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Emva kweminyaka engamashumi
amane ndiya kuwaqokelela amaJiputa ezizweni ebebhacele kuzo.

14Ndiya kuwaphuthuma ekuthinjweni, ndiwabuyisele ePatro, ilizwe
lookhokho bawo. Apho aya kuba sisizwana nje.

15Aya kuba sesona sizwana siphantsi esingasokuze sibuye sibaluleke kwezinye
izizwe. Ndiya kusibetha kangangokuba singaze siphinde sizilawule ezinye
izizwe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16IJiputa ayisoze iphinde ibe yindawo azigwagwisa ngayo amaSirayeli,
kodwa iya kuhlala isisikhumbuzo sesono sawo sokucela uncedo kuyo. Baya
kundazi ngoko ukuba mna ndinguNdikhoyo iNgangalala.”

17Ngomhla wokuqala wenyanga yokuqala yonyaka wamashumi amabini
anesixhenxe wathi kum uNdikhoyo:

18“Mntundini, uNebhukadenezare ukumkani waseBhabheli wawufunza
ngamandla umkhosi wakhe kwimfazwe yaseTire. Atsho amadoda akhuthuka
iintloko, atyabuka amagxalaba. Kodwa umkhosi wakhe zange uzuze nto
kuloo mfazwe yaseTire.

19Ngako oko itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: IJiputa ndiza kuyinikezela
kuNebhukadenezare ukumkani waseBhabheli, ukuze abuthimbe bonke
ubutyebi bayo. Uya kuthimba yonke into enexabiso kwelo zwe, ibe
ngumvuzo wokubulaleka komkhosi wakhe.

20Ndimnike iJiputa ukuze ibe yimbuyiselo yomzabalazo wakhe
wokundinceda ekunye nomkhosi wakhe, itsho iNkosi uNdikhoyo.

21“Ngaloo mini ndiya kuhlumisa uphondo kwindlu kaSirayeli, nawe
ndikwenze uwashumayeze ukhululekile. Baya kwazi ke ngoko ukuba
ndinguNdikhoyo.”

UHezekile 30

Isililo ngeJiputa

1Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

2“Mntundini, shumayela uthi: Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: “Khala uthi:
‘Yehaa loo mini!’

3Umhla sewusondele, umhla kaNdikhoyo ufikile: umhla wamafu, ithuba
lomngcipheko weentlanga.

4Liya kufika ikrele eJiputa; intlungu iya kugaleleka eKushe. Xa bezizigede
ababuleweyo eJiputa, buya kuthinjwa ubutyebi bakhona; ziya kudilizwa
iziseko zayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Ikrele liya kutyakatya eKushe nasePuti, eLudi nakwelama-Arabhu liphela,
eKubhi nakubantu bomhlaba womnqophiso, njengokuba lisenza eJiputa.

6“Uthi uNdikhoyo: Abangecala leJiputa baya koyiswa; amandla ayo eqhayiya
aya kuwa phantsi. Baya kutyakatywa ngekrele ukusuka eMigidoli kuthi gaa
ngeAswan, itsho iNgangalala uNdikhoyo.

7“IYiputa ndoyitsho ibe bubugxwayiba phakathi kobugxwayiba, izixeko zayo
zibe ngamanxuwa njengezinye.

8Baya kundazi ukuba ndinguNdikhoyo, xa nditshabalalisa iJiputa ngomlilo,
ndibaqushe abancedisi bayo.

9“Ngaloo mini izithunywa zam ziya kuphuma ngeenqanawe ukuya kufaka
ivuso eKushe. Baya kukhwankqiswa yintlungu ngomhla wokutshabalala
kweJiputa, kuba ngenene uyeza.

10“Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: “Ubutyebi baseJiputa ndobuphelisa
ngesandla sikaNebhukadenezare ikumkani yaseBhabheli.

11Wofika nomkhosi wakhe (umkhosi wesizwe esigonyamelayo) ukuza
kutshabalalisa ilizwe. Baya kuyihlasela iJiputa, ilizwe lizale zizidumbu.

12Imisinga yomlambo iNayile ndiya kuyitsho yome nko, umhlaba
ndiwunikezele kumadoda akhohlakeleyo. Ndiya kuthuma abasemzini
bawubhukuqe umhlaba nayo yonke into ekuwo. Nditshilo nje mna Ndikhoyo,
nditshilo.

13“Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: “Ndoyitshitshisa imifanekiso,
ndizitshabalalise izithixo zaseMemfisi. Akuyi kubakho nkosi eJiputa; ndiya
kulenza lonke ilizwe lithuthumele kukoyika.

14Ndiya kuyidlakaza iPatros, ndiyifake umlilo iZowan, iThebhesi
ndiyohlwaye.

15Ingqumbo yam ndoyikhuphela ePelusiyo, inqaba yaseJiputa; izihlwele
zaseThebhesi ndozinqamla.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16IJiputa ndoyifaka umlilo; iPelusiyo yosuka ipena-pene, iThebhesi ithinjwe
ngesikhawu, yona iMemfisi ihlale ithuthumela.

17Baya kutyakatywa ngekrele abafana baseOn nabasePibhesete; ziya
kuthinjwa zona izixeko.

18Koba mnyama emini eTapanesi mhla ndayihlabanisela iJiputa; kumhla
atshitsha amandla ayo eqhayiya. Iya kugutyungelwa lilifu, mhla zathinjwa
iilali zayo.

19Ewe, iJiputa ndiya kuyohlwaya, ukuze yazi ukuba ndinguNdikhoyo."

20Ngosuku lwesixhenxe kwinyanga yokuqala kunyaka weshumi elinanye
ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

21"Mntundini, ndiyaphule ingalo yokumkani waseJiputa. Ayibotshwanga
yanyangwa ukuze iphile, yomelele; akakwazi ukuphatha ikrele ngayo.

22Ke kaloku itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Ndiyalwa nokumkani
waseJiputa. Ndiza kumvikiva iingalo zombini, le ingekaphuki naleya
seyaphukile, khon' ukuze ikrele liwe akuliphatha.

23Ndiza kuwaswantsulisa amaJiputa, abhacele ezintlangeni.

24Ndiza kuzomeleza iingalo zokumkani waseBhabheli, ndimxhobise ngekrele
lam, kodwa ndiza kuzaphula iingalo zikakumkani waseJiputa, atsho ancwine
okomntu ohlatyaniselweyo ephambi kwakhe.

25Ndiza kuzixhasa iingalo zokumkani waseBhabheli, kodwa yena owaseJiputa
uza kuwa iingalo. Baya kwazi ke ngoko ukuba ndinguNdikhoyo, xa
sendimxhobisa ukumkani waseBhabheli alityityimbisele elaseJiputa.

26Ndiya kuwaswantsulisa amaJiputa, abhacele ezintlangeni. Baya kundazi
ukuba ndinguNdikhoyo."

UHezekile 31

Umsedare eLebhanon

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Ngosuku lokuqala kwinyanga yesithathu yonyaka weshumi elinanye ndaliva
ilizwi likaNdikhoyo lisithi kum:

2“Mntundini, bhekisa kukumkani waseJiputa nezihlwele zakhe, uthi:
“Ngubani na onokufaniswa nawe ngobungangamsha?

3Khangela iAsiriya eyaye ingumsedare eLebhanon, omasebe mahle ongamele
ihlathi. Kaloku wawukhule wamde, uyivelele kanye loo ntshinyela yehlathi.

4Waba mde kuba wawusela amanzi emithombo ephuma emathunjini
omhlaba, emilanjana inkcenkceza amanzi phezu kweengcambu zawo, ize
isele neminye imithi yasendle.

5Ngoko ke waba mde lee kuneminye imithi apho endle, aqhama amasetyana
awo, axanda amasebe, ngenxa yamanzi amaninzi.

6Zonke iintakazana zakha iindlwana zazo kumasetyana awo; zonke izilo
zasendle zazala amathole azo phakathi kwamasebe awo; zonke izizwe
ezinodumo zaphumla emthunzini wawo.

7Wawongamele ngobuhle, uxandile ngamasebe, kuba iingcambu zawo
zazisela amanzi ezantsi emathunjini omhlaba.

8Imisedare yomyezo kaThixo yayingathathi nto kuwo, ngokunjalo namasebe
emipayini. Amasebe emipleyini ayenganeno kweyawo ngobuhle
obuyimbalasane. Babudlule nawuphi na umthi emyezweni kaThixo.

9Enziwa ndim aba mahle naloo masebe aqhamileyo, umthi ogqwesa yonke
imithi yaseIdeni, umyezo kaThixo.”

10“Ngako oko itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Wawumde kangangoko,
uyivelele lee intshinyela yehlathi, wade wazingca ngobude bawo.

11Ngenxa yoko ndawunikezela umlawuli wezizwe ukuba enze kuwo
ngokwenkohlakalo yawo. Ndawushenxisa,

12waza wagawulwa sesona sizwe sikhohlakeleyo kwezasemzini. Amasebe awo
awela ezintabeni nasezintlanjeni; aphukela kuzo zonke iingxingwa zelizwe.
Zonke izizwe zehlabathi zawushiya umthunzi wawo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Zonke iintaka zahlala kuloo mthi uwileyo, nazo zonke izilo zabutha
phakathi kwamasebe awo.

14Ngako oko sokube kuphinde kubekho mthi ukhula ngasemanzini
owongamela eminye imithi ngobude, uvelele intshinyela yehlathi. Akube
kuphinde kubekho mthi ufunxa amanzi emhlabeni uya kuba mde ngolo
hlobo. Yonke imelwe kukufa, itshone ngaphantsi komhlaba njengabantu
bonke abatshona kwelabafileyo.

15"Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Mhla watshona kwelabafilyo, imithombo
ndayithi wambu ngokuwuzilela, ndayinqumamisa imilanjana yayo, aza
amanzi ayeka ukunkcenkceza. Ngokunjalo iLebhanon ndayithi gqume
ngobumnyama, yaza yonke imithi endle yabuna.

16Izizwe ndazenza zangcangcazela zakuva isandi sokuwa kwawo xa
ndandiwufaka engcwabeni kunye nabo bangena kwelabafileyo. Kwakuba
njalo yonke imithi yaseIdeni, eyona-yona mithi yaseLebhanon, yonke imithi
eyayimi phezu kwamanzi, yaxola ngaphantsi komhlaba.

17Abo babephumla emthunzini wawo, izizwe ezingabancedisi bawo, nabo
babengene engcwabeni kunye nawo, baya kuhlangana nâbo babefe ngekrele.

18"Nguwuphi umthi kweyaseIdeni onokufaniswa nawe ngobuqaqawuli
nobungangamsha? Kanti nawe, kumkani waseJiputa, uya kutshoniswa
phantsi komhlaba kunye nemithi yaseIdeni; uya kulala phakathi
kwabangalukanga, abo batyakatywe ngekrele. "Nditsho wena kumkani
waseJiputa nezihlwele zakho zonke; ewe, itsho iNgangalala uNdikhoyo."

UHezekile 32

Ukulilela ukumkani waseJiputa

1Ngomhla wokuqala wenyanga yeshumi elinambini yonyaka weshumi
elinambini ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

2"Mntundini, yitsho isililo ngokumkani waseJiputa, uthi kuye: "Kuphelile
kuwe, ngonyama yezizwe! Unjengegongqongqo elwandle xa uzibhija-bhija

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

kuloo mlambo wakho uwagxobha-gxobha amanzi ngezo nyawo zakho, atsho amdaka amanzi emlanjeni.

3Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Ndiza kuza nesihlwele sabantu, ndikubambise ngomnatha, baze bakurhole ngawo.

4Ndiya kukuphosa emhlabeni, ndikugibisele elubala. Iintaka ziya kuhlala phezu kwakho; zonke izilwanyana zehlabathi ziya kukwenza ixhwayelo.

5Ndiya kuyisasaza ezintabeni inyama yakho; iintlambo ziya kuzala ngamaxhwayelo akho.

6Igazi lakho liya kuqukuqela lizalise ilizwe kude kuye ezintabeni; inyama yakho iya kuzalisa zonke iingxingwa.

7Xa ndikucima igama, ndiya kuligquma izulu, ndizigubungele iinkwenkwezi. Ilanga ndiya kulisitha ngelifu; inyanga ayisayi kukhanya.

8Phezu kwakho ndiya kukucima ukukhanya kwezulu, ndihlise ubumnyama phezu kwelizwe, itsho iNgangalala uNdikhoyo.

9“Intlaninge yezizwe yosuka ikhathazeke zakuva ngokutshatyalaliswa kwakho, nditsho namazwe ongazange uwazi.

10Ndiya kukwenza ube nomdintsi ezizweni; iikumkani ziya kuba namanwele ngenxa yakho, xa ikrele lam limenyezela zijongile. Mhla waphelelwa ziya kuthuthumela zonke; zovakala zisithi: ‘Sosinda kanjani thina?’

11“Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: “Liza kungena kuwe ikrele lekumkani yaseBhabheli.

12Ndiya kwenza ukuba izihlwele zakho zityakatywe ngekrele lamadoda azizigantsontso – ezona zikhohlakali zikhoyo. Aya kulitshitshisa ikratshi laseJiputa, zitshatyalaliswe ezo zihlwele.

13Imihlambi yeenkomo ngakwezo zatyhwentywe zamanzi ndiya kutsho ife tu. Kuzo akusayi kuphinde kugxobhe nyawo lwamntu nanqina lankomo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Osuka angcwenge amanzi, imilambo iqukuqele ngathi ngamafutha omnquma, itsho iNgangalala uNdikhoyo.

15Xa ndiyibharhisayo iJiputa kube sebugxwayibeni kanye, xa ndibhubhisa konke khona, baya kundazi ukuba ndinguNdikhoyo.

16“Esi sililo siya kwenzelwa yona. Siya kwenziwa ziintombi zezizwe, sisenzelwa iJiputa nezihlwele zayo, itsho iNgangalala uNdikhoyo.”

17Ngomhla weshumi elinesihlanu enyangeni, kunyaka weshumi elinambini, ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

18“Mntundini, zenzele isijwili izihlwele zaseJiputa, uzithobele phantsi komhlaba kunye nezizwe ezinamandla, behle bangene kwelabafileyo kunye nâbo bangena khona.

19Yithi kubo: ‘Ngaba nina niyalungiselelwa kunabanye? Yihlani niye kulala phakathi kwabangalukanga.’

20Baya kuwa nâbo babulewe ngekrele. Ikrele lithiwe rhuthu esingxotyeni salo; iJiputa mayirhuqwe imke kunye nezihlwele zayo.

21Kwelabafileyo iingangalala zeenkokheli ziya kuthetha ngeJiputa namahlakani ayo, zithi: ‘Behla baza kulala nabangalukanga, abo babulewe ngekrele.’

22“Ilapho iAsiriya kunye nomkhosi wayo wonke; urhangqwe ngamangcwaba abantu bayo bonke ababuleweyo, bebulawa ngekrele.

23Amangcwaba abo asezantsi kwelabafileyo; arhangqwe zizidumbu zomkhosi wayo. Bonke abahlwayela ivuso elizweni labaphilayo batyakatyiwe babulawa ngekrele.

24“Ilapho iElam; ingcwaba layo lirhangqwe zizihlwele zayo. Bonke batyakatywe ngekrele. Bonke abatyala ivuso elizweni labaphilayo baye kulala ngaphantsi komhlaba kunye nabangalukanga. Bathwele ihlazo kunye nâbo behlayo bengena kwelabafileyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

25IElam yenzelwe umandlalo phakathi kwezidumbu zababuleweyo, ingcwaba
layo lirhangqwe zizihlwele zayo. Bonke bafe ngekrele bengalukanga. Ngenxa
yevuso labo kwilizwe labaphilayo balithwele ihlazo kunye nâbo bahlela
kwelabafileyo. Balele nababuleweyo.

26“Balapho ooMesheki nooTubhali; amangcwaba abo angqongwe zizihlwele
zabo. Bonke abolukanga, batyakatywe ngekrele kuba ilizwe labaphilayo
bebeliphethele ngoqhushululu.

27Balele ndawonye namanye amajoni angalukanga angcwatywe kunye
nezikhali zawo zokulwa, enze ngazo umqamelo. Isohlwayo sezono zawo naso
emathanjeni abo. Kaloku ivuso lawo laligqiba lonke ilizwe labaphilayo.

28“Nawe nkqu, kumkani waseJiputa, uza kunqanyulwa ungcwatywe
nabangalukanga, ababulewe ngekrele.

29“Ilapho iEdom, iikumkani neenkosana zayo; nakuba zingamakroti zilele
nâbo bafe ngekrele. Bangcwatywe ndawonye nabangalukanga, abo bahlele
kwelabafileyo.

30“Zilapho iinkosana zasentla nawo onke amaSidon; awe kunye
nabatyakatyelwe ehlazweni, nakuba ubunganga babo bababanga ivuso.
Balele apho bengalukanga, kunye nâbo bafe ngekrele; bathwele ihlazo labo
kunye nâbo bahlele kwelabafileyo.

31“Ukumkani waseJiputa uya kubabona, aze axole ngenxa yomkhosi wakhe
wonke owatyakatywa ngekrele, itsho iNkosi uNdikhoyo.

32Nakuba ndamenza wadala uloyiko ezweni labaphilayo ukumkani
waseJiputa nezihlwele zakhe baya kuhlala engcwabeni kunye
nabangalukanga, abo babulewe ngekrele, itsho iNgangalala uNdikhoyo.”

UHezekile 33

UHezekile umlindi
(Hez 3:16-21)

1Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

© 1996 Bible Society of South Africa.

2“Mntundini, thetha nabantu bakuni uthi: Ndakuthumela ikrele elizweni,
baze abantu balo bakhethe omnye wabo ukuba abe ngumlindi,
3athi akubona ikrele lisiza kwenzakalisa isizwe asuke avuthele ixilongo
ukulumkisa isizwe;
4ke othe waliva ixilongo kodwa akahoya, laza lafika lona ikrele lamtyakatya
wafa, ityala lelakhe.
5Ulivile ixilongo, kodwa akahoya; ngoko ke ityala lokufa kwakhe lelakhe.
Ukuba ebehoyile ngesindile ekufeni.
6Kodwa ukuba uthe umlindi, elibona ikrele lisiza, akalivuthela ixilongo
ukulumkisa abantu, laza ikrele lafika labulala omnye wabo, lowo uya kufa
ngenxa yesono sakhe, kodwa ityala lokufa kwakhe liya kuba lelomlindi.
7“Mntundini, wena ndikwenze umlindi wendlu kaSirayeli; ngoko phulaphula
amazwi endiwathetha kuwe, uze ubalumkise.
8Xa ndisithi kumntu okhohlakeleyo: ‘Inene, uza kufa, sikhohlakalindini,’ uze
wena ungathethi naye umnqande kubugwenxa bakhe, ade yena afele
esonweni sakhe, ityala lokufa kwakhe ndiya kulibeka kuwe.
9Kodwa ukuba umntu okhahlakeleyo umnqandile kubugwenxa bakhe, waza
akakuva, uya kufa ngenxa yesono sakhe, kodwa wena uya kuba ubuhlangule
ekufeni ubomi bakho.
10“Mntundini, xelela indlu kaSirayeli uthi: ‘Nina nithi: Iziphoso zethu nezono
zethu zingumthwalo onzima phezu kwethu; siyangcungcutheka ngenxa yazo.
Siya kuthini na ke ukuze sisinde?’
11Yithi kubo: ‘Ndikho nje ndiyafunga, itsho iNkosi uNdikhoyo; akundikholisi
ukufa kwabakhohlakeleyo. Ndithanda ukuba baguquke, bahlukane nezenzo
zabo zobugwenxa, badle ubomi. Guqukani! Guqukani kwiindlela
zenkohlakalo. Ngani ukuba nide nife, ndlundini kaSirayeli?’
12“Ngoko ke, mntundini, yithi kubantu bakuni: ‘Ubulungisa bomntu
olilungisa abuyi kumsindisa mhla wakreqa; nenkohlakalo yokhohlakeleyo

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ayiyi kumeyelisela xa athe wahlukana nayo. Nelungisa xa lithe lakreqa aliyi kuvunyelwa lidle ubomi.’

13Ukuba ilungisa ndilixelele ukuba liya kudla ubomi, laza lakreqa kuba likholose ngobulungisa balo, bonke ubulungisa balo buya kulityalwa; liya kufa ngenxa yesono salo.

14Ukuba ndithe kumntu okhohlakeleyo: ‘Wena uza kufa,’ waza yena wazohlwaya, wenza okulungileyo –

15waza wayibuyisa loo mpahla bekubanjiswe ngayo ngumboleki, wayibuyisa impahla ayibileyo, wenza ngokwemimiselo yobomi, wahlukana nobubi, ngokwenene akayi kufa, uya kudla ubomi.

16Akukho nasinye isono sakhe esiya kukhunjulwa. Kaloku wenze okufanelekileyo nokulungileyo – inene, uya kudla ubomi.

17“Kanti noko abantu bakuni bathi: ‘Indlela aqhuba ngayo uNdikhoyo ayinabulungisa.’ Ukanti yindlela yabo engalunganga.

18Ukuba umntu olilungisa uyakreqa ebulungiseni, enze ububi, uya kufa ngenxa yezono zakhe.

19Kanti ukuba umntu okhohlakeleyo uthe wazikhwebula enkohlakalweni, wenza okulungileyo, uya kudla ubomi ngenxa yoko.

20Kanti noko, ndlu kaSirayeli, nisathi: ‘Indlela aqhuba ngayo uNdikhoyo ayinabulungisa.’ Kodwa mna ndiya kugweba umntu ngamnye ngokwezenzo zakhe.”

Ukuwa kweJerusalem

21Ngomhla weshumi kwinyanga yeshumi yonyaka weshumi elinambini wokuthinjwa kwethu, indoda eyayibhunce eJerusalem yeza kum yathi: “Isixeko siwile!”

22Kanti ngobusuku obuphambi kokufika kwaloo mfo, ndasiva isandla sikaNdikhoyo, waza wavuleka umlomo wam kusasa singekabonani. Ewe, wavuleka umlomo wam, ndayeka ukuthula.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

23Ndaliva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

24“Mntundini, bathi abantu abahlala kuloo mabhodlo akwaSirayeli: ‘UAbraham yayikukuphela kwakhe, kodwa ilizwe lalilelakhe lonke. Kanti thina sibaninzi, makube ilizwe silinikiwe ukuba libe lelethu lonke.’

25“Ke ngoko baxelele uthi: Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Njengokuba nisitya inyama enegazi nje, nithembele nakwizithixo zenu eziqingqiweyo, niphalaza negazi, ngaba eli lizwe lingalelenu njani?

26Nithe qhiwu ikrele; izenzo zenu zinezothe; ngamnye kuni ukrexeza nomfazi wommelwane wakhe. Ngaba eli lizwe lingalelenu njani?

27“Baxelele wenjenje: Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Ndikho nje ndiyafunga, amasalela akulaa mabhodlo aza kutyakatywa ngekrele. Abangaphandle kwesixeko ndiya kubanikezela emarhamncweni abaqwenge, abangene kwinqaba nasemiqolombeni baya kubulawa ngubhubhani.

28Ilizwe ndiya kulenza libe yinkangala yentlango, aphele amandla ebelizingca ngawo, nakwiintaba zakwaSirayeli kuya kuba sebugxwayibeni, kungabikho mntu unqumlayo kuzo.

29Baya kundiqonda ukuba ndinguNdikhoyo xa umhlaba sendiwubharhisile ngenxa yamanyundululu abo.

30“Wena ke, mntundini, abantu bakuni bayathetha ngawe beziziqhu ngasezindongeni nakwiminyango yezindlu, bathi omnye komnye: ‘Yizani nize kuva udaba oluvela kuNdikhoyo.’

31Abantu bam bayeza kuwe ngokwabantu bakaThixo, bafike bahlale phambi kwakho, baphulaphule loo nto uyithethayo, kodwa abenzi nto ngayo. Banenzondelelo ngomlomo, kodwa iintliziyo zabo ziyila ubuqhophololo.

32Enyanisweni wena kubo unjengomntu ocula iingoma zothando ngelizwi elimyoli, nodlala isikhalisi kamnandi, kuba bayaweva amazwi akho, kodwa abenzi lutho ngawo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

33“Zakuzaliseka zonke ezi zinto (njengokuba kuza kuba njalo) baya kuqonda
ukuba bekukho umshumayeli phakathi kwabo.”

UHezekile 34

Iigusha nomalusi wazo

1Ndaliva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

2“Mntundini, bakhalimele abelusi bakwaSirayeli; ewe, bakhalimele uthi kubo:
Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Yehaa, abelusi bakwaSirayeli
abakhathalele iziqu zabo kuphela! Ngaba abelusi àbafanele kwalusa
umhlambi na?

3Nidla ingqaka, nenze izinxibo ngoboya, nixhele ezona zityebileyo, kodwa
aninankathalo ngomhlambi.

4Anizomelezi ezibuthathaka, okanye nizinyange ezigulayo, kungenjalo
nizibophe ezenzakeleyo. Anizinqandi eziphambukayo, okanye nizifune
ezilahlekileyo. Ndaweni yaloo nto niziphethe gadalala nangenkohlakalo.

5Ke ngoko zithe saa, kuba zingenaye umalusi, zaba ke njalo zilixhoba
lamarhamncwa.

6Iigusha zam zaya kutsho ezintabeni, zathi xakalala ezindulini zonke. Zathi
saa kulo lonke ilizwe, akwabikho mntu ubuzisayo uzifunayo.

7“Nina ke, belusi, yivani ilizwi likaNdikhoyo:

8Ndikho nje ndiyafunga, itsho iNgangalala uNdikhoyo, ngenxa yokuba
umhlambi wam ungenamalusi, suka wahlaselwa waba lixhoba lawo onke
amarhamncwa, nasekubeni abelusi bengazifunanga ezilahlekileyo, kodwa
basuke bakhathalela iziqu zabo endaweni yomhlambi wam,

9ngoko ke, liveni ilizwi likaNdikhoyo, nina belusi:

10Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Ndiyalwa nabelusi, kwaye ndiya
kuwubiza kubo owam umhlambi. Ndiza kubagxotha bangabi sawalusa
umhlambi wam, ukuze bayeke ukwalusela iziqu zabo. Ndiza kuwuhlangula
umhlambi wam, ungabi kukudla kwabo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11“Utsho uMhlekazi uNdikhoyo ukuthi: Uyabona, iigusha zam ndiya kuzifuna
ngokwam, ndize ndizilondoloze.

12Njengomalusi olondoloza umhlambi wakhe othe saa, nam ndiya
kuzilondoloza iigusha zam. Ndiya kuzihlangula kuzo zonke iindawo ezathi
saa kuzo ngomhla wamafu nobumnyama.

13Ndiya kuzikhupha ezizweni, ndizibuthe emazweni, ndizifake kwelazo
ilizwe. Ndiya kuzalusela ezintabeni eziphakamileyo zakwaSirayeli,
ezingxingweni, nakuzo zonke izithanga zelizwe.

14Ndiya kuzalusela emadlelweni aluhlaza; ziya kudla ezintabeni
zakwaSirayeli. Ziya kubutha emadlelweni amahle, zidle eyona-yona ngca
ezintabeni zakwaSirayeli.

15Iigusha zam ndiya kuzalusa mna ngokwam, ndiziyeke zetyise, itsho iNkosi
uNdikhoyo.

16Ndiya kuzifuna ezilahlekileyo, ndiziphuthume ezidukileyo. Ndiya
kuzibopha ezenzakeleyo, ndizomeleze ezibuthathaka; kodwa ndiya
kuzinqamla ezityebileyo nezomeleleyo. Umhlambi ndiya kuwalusa
ngobulungisa.

17“Ke kuni, mhlambi wam, itsho iNgangalala uNdikhoyo: Ndiya kwahlula
phakathi kwegusha negusha, ngokunjalo naphakathi kweenkunzi zeegusha
nezeebhokhwe.

18Akwanele na kuni ukudla kumadlelo amahle? Kuyimfuneko na ukuba idlelo
eliseleyo nilinyhashe ngeenyawo zenu? Ananeli na kukusela emanzini
angcwengileyo? Kungani ukuba amanye niwagxobha-gxobhe ngeenyawo
zenu?

19Nithi umhlambi wam mawutye loo ngca beniyinyhasha, usele loo manzi
beniwagxobha-gxobha ngeenyawo zenu?

20“Ke ngoko itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Jongani, ndim oya
kukhetha igusha etyebileyo kwebhityileyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21Kaloku benityhala ngamacala nangamagxa nizingquzula iigusha ezibuthathaka ngeempondo zenu zada zakhwelela.

22Ke ngoko ndiya kuwuhlangula umhlambi wam, ukuze ungabuye ube lixhoba. Ndiya kwahlula phakathi kwegusha nenye.

23Ndiya kuzimisela umalusi omnye, isicaka sam uDavide, oya kuzalusa kakuhle.

24Mna Ndikhoyo ndiya kuba nguThixo wazo; sona isicaka sam uDavide soba yinkosi yazo. Nditshilo nje mna Ndikhoyo, nditshilo.

25“Ndiya kwenza umnqophiso woxolo nomhlambi wam, ndiwagxothe amarhamncwa ezweni, khon' ukuze iigusha zam zihlale entlango, zilale nasemahlathini, ngaphandle koloyiko.

26Ndiya kuzithamsanqelisa kunye nako konke okujikeleze induli yam. Ndiya kunisa imvula ngexesha layo; kuya kuna iimvula zentsikelelo.

27Imithi emasimini iya kuba neziqhamo; amasimi aya kuvelisa isivuno; bona abantu bakuziva bengenalo uloyiko elizweni labo. Baya kuqonda ukuba ndinguNdikhoyo, mhlenikwezeni ndayophula idyokhwe abayithweleyo, ndabahlangula kwabo bebengamakhoboka abo.

28Abayi kuphinda babe lixhoba lezizwe nesisulu sokuqwengwa ngamarhamncwa. Baya kuhlala bekhuselekile, bengoyikiswa mntu.

29Ndiya kubanika umhlaba odume ngokuchuma, bayeke ukuba lixhoba lendlala kwelakowabo nokudelwa zezinye izizwe.

30Baya kutsho baqonde ukuba mna Ndikhoyo Thixo wabo, ndingakubo, baqonde ukuba nabo ndlu kaSirayeli bangabantu bam, itsho iNkosi uNdikhoyo.

31Nina zigusha zam, zigusha zedlelo lam, ningabantu; nam ndinguThixo wenu; itsho iNgangalala uNdikhoyo.”

UHezekile 35

Udaba oluhlaba iEdom

© 1996 Bible Society of South Africa.

1Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

2“Mntundini, bhekisa kwintaba iSeyire, uyikhalimele,

3uthi: Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Ndiyalwa nawe, ntaba yaseSeyire, ndaye ndiza kukufika ngesandla, ndikutsho ube yinkangala yentlango.

4Ndiya kuzidiliza izixeko zakho, kutsho kube senxuweni. Uya kuqonda ke ukuba ndinguNdikhoyo.

5“Ngenxa yokuba ubambe ubutshaba obudala, amaSirayeli wawayekela atyakatywa ngekrele ngexesha lawo lentlekele, apho isohlwayo sawo sasifikelele encotsheni,

6ndikho nje ndiyafunga, itsho iNkosi uNdikhoyo, ndiza kukunikezela kwabakusukelayo bazingise ukuliphalaza igazi lakho. Kaloku wena awukuthiyanga ukuphalazwa kwegazi, ke ngoko impalalo-gazi iya kuhlala ikusukela.

7Ndiya kuyenza intaba yaseSeyire ibe yinkangala, ndibathintele abo bafuna ukuma kuyo.

8Iintaba zakho ndiya kuzenza zizale zizidumbu zabagwintiweyo; izidumbu zabatyakatywe ngekrele ziya kuzalisa iinduli zakho, neentlambo zakho, neengxingwa zakho.

9Ndiya kukwenza ube yinkangala ngonaphakade; izixeko zakho zilil' ibhungane. Uya kuqonda ke ukuba mna ndinguNdikhoyo.

10“Kaloku uthe: ‘Zozibini ezi zizwe, nawo omabini la mazwe, siza kuwathatha abe ngawethu.’ Loo nto uyithethe nakuba mna Ndikhoyo ndandikho.

11Ngako oko, ndikho nje ndiyafunga, mna Nkosi Ndikhoyo, ndiza kukohlwaya ngokomsindo nobukhwele bakho, kuba wakhuphela intiyo yakho kumaSirayeli. Xa kunjalo aya kuqonda ukuba ndingakuwo.

12Uya kuqonda ke ukuba mna Ndikhoyo ndizivile zonke izinyeliso zakho kwiintaba zakwaSirayeli. Uthe wena: ‘Zibhujisiwe zaza zanikelwa kuthi ukuba siziqwenge.’

© 1996 Bible Society of South Africa.

13Wandiqhayisela wathetha wadlulisa, mna ke ndakuva.

14Itsho ke iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Xa umhlaba wonke uchulumanca, wena ndiya kukutshabalalisa.

15Ngenxa yokuba wena wazala luvuyo mhla litshabalala ilifa lendlu kaSirayeli, nawe ndiza kukuvisa loo nto. Uza kutshabalala, ntaba yaseSeyire, wena ne-Edom iphela. Niya kutsho niqonde ukuba ndinguNdikhoyo."

UHezekile 36

Intshumayelo ebhekisa kwiintaba zakwaSirayeli

1"Mntundini, shumayela ubhekise kwiintaba zakwaSirayeli, uthi: Zintaba zakwaSirayeli, yivani ilizwi likaNdikhoyo.

2Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Iintshaba zathi ngani: 'Yehaa, iintaba zamandulo zezethu ngoku!'

3Ke ngoko shumayela uthi: Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Kuba benidlakaze banizingela ndaweni zonke, naza ke ngoko naba phantsi kwamasalela eentlanga, nayinto yokungcikivwa nondaba-mlonyeni,

4ngoko, zintaba zakwaSirayeli, liveni ilizwi leNkosi uNdikhoyo: Itsho iNkosi uNdikhoyo kwiintaba neenduli, kwiingxingwa neentlambo, kumabhodlo asebugxwayibeni nezixeko ezingamanxuwa ngenxa yokutyhuthulwa nokuba yintlekisa yamasalela eentlanga ezingabamelwane –

5itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Ngenxa yekhwele suka ndawakhalimela amasalela ezinye iintlanga kwane-Edom, kuba bathe bechulumanca, iintliziyo zabo zizele mome yinkohlakalo, bawuthatha umhlaba wam, bawenza owabo, ukuze bawathimbe amadlelo.

6Ngoko ke shumayela ubhekise kwilizwe lakwaSirayeli, kwiintaba neenduli neengxingwa neentili, uthi: Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Ndithethe ngekhwele ndisemsindweni, kuba ziningcikivile iintlanga.

7Itsho ke ngoko iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Ndimisa isibhozo ndisithi iintlanga ezimelene nani nazo ziya kungcikivwa.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8“Kodwa nina, zintaba zakwaSirayeli, niza kuvelisa amasebe neziqhamo zibe
zezabantu bam amaSirayeli, kuba sebeza kugoduka.

9Ndiyavelana nani, ndaye ndiza kunibonelela; niza kulinywa nihlwayelwe.

10Ndiya kunandisela abemi, nditsho nkqu yonke indlu kaSirayeli. Ziya kuba
nabantu izixeko, avuswe amabhodlo.

11Ndiya kulandisa inani labantu nemfuyo; ziya kuchuma zande. Ndiya kumisa
abantu kuni, kube ngcono kuni kunangaphambili. Niya kuqonda ngoko ukuba
ndinguNdikhoyo.

12Ndiya kubenza abantu bam, amaSirayeli, banyathele phezu kwenu. Niya
kuba ziintaba zabo, nibe lilifa labo. Anisoze niphinde nibahluthe abantwana
babo.

13“Itsho iNgangalala uNdikhoyo kwilizwe lakwaSirayeli ukuthi: Njengoko
abantu besithi: ‘Uyabaqwenga abantu, isizwe usihluthe abantwana,’

14ngoku ke akuyi kuphinda uqwenge abantu, uhluthe nesizwe abantwana,
itsho iNgangalala uNdikhoyo.

15Andiyi kuphinda ndikwenze unyamezele ukugxwalwa zizizwe, ube
yintlekisa yabantu, nokuba siwe isizwe sakho, itsho iNkosi uNdikhoyo.”

Ibuyambo kwaSirayeli

16Kwakhona ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

17“Mntundini, amaSirayeli aligqwalisile ilizwe ngesimo nangezenzo zawo
ngexesha ayehlala kulo. Isimo sawo emehlweni am nqwa nomfazi
ohlambayo.

18Ndayikhuphela kuwo ke ingqumbo yam, kuba ayeliphalazile igazi elizweni,
alixabhela ngezithixo.

19Ndawasarhaza ezizweni aziimbacu emazweni, ndabohlwaya ngokwesimo
nezenzo zawo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

20Naphi na apho ahamba khona ezizweni alinyelisa igama lam elingcwele,
kuba kwakusithiwa: ‘Aba ngabantu bakaNdikhoyo, kodwa kwanyanzeleka
balishiye ilizwe lakhe.’

21Ndakhathazeka ngenxa yegama lam elingcwele elalinyeliswa yindlu
kaSirayeli ezizweni ayebhacele kuzo.

22“Ngoko ke, yithi kwindlu kaSirayeli: Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Into
endiyenzayo andiyenzi ngenxa yenu, maSirayeli, kodwa kungenxa yegama
lam elingcwele enilenze ladelwa ezizweni enihamba kuzo.

23Ndiza kwenza bubonwe ubungcwele begama lam elilodwa eniligqwalisileyo
ezizweni. Izizwe ke ziya kuqonda ukuba ndinguNdikhoyo, itsho iNgangalala
uNdikhoyo, xa zindibona ndingoyedwa ngento endinenzela yona.

24“Ndiya kunilanda ezizweni, ndinibuthe kuwo onke amazwe, ndinibuyisele
kwelakowenu.

25Ndiya kunitshiza ngamanzi acocekileyo ukuze nicoceke; ndiya kukukhupha
ukungcola kuni, ndinenze nahlukane nezithixo.

26Ndiya kuninika intliziyo entsha, ndiniphe nomoya omtsha; ndiya
kuyikhupha kuni intliziyo eqaqadeke okwelitye, ndininike intliziyo
yentobeko.

27Ndiya kufaka uMoya wam kuni, nitsho nilulamele imimiselo yam, niyigcine
ngononelelo imithetho yam.

28Niya kuhlala elizweni endandilabele ookhokho benu; niya kuba ngabantu
bam, mna ndibe nguThixo wenu.

29Ndiya kunihlangula ekungcoleni kwenu, ndigunyazise isivuno esikhulu
sengqolowa, nize nahlukane nendlala.

30Ndiya kuyenza iqhame imithi, sichume nesivuno emasimini, ukuze
ningabuye nihlazeke ezintlangeni ngenxa yendlala.

31Niya kuzikhumbula ke iindlela zenu ezigwenxa, nezenzo zenu
ezikhohlakeleyo, nize nizisole ngezono nangezenzo zenu ezilizothe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

32Qondani ukuba oku andikwenzi ngenxa yenu, itsho iNkosi uNdikhoyo. Yibani neentloni, nizive nihlazekile ngenxa yesimo senu, ndlu kaSirayeli.

33“Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Mhla ndanihlambulula ezonweni zenu ndiya kubabuyisela abantu ezixekweni, avuswe amabhodlo.

34Umhlaba oyinkangala uya kulinywa, uze ungalali ube yinkangala kubantu abacanda kuwo.

35Baya kuthetha bathi: ‘Lo mhlaba ubufudula uyinkangala, ngoku unjengomyezo waseIdeni; izixeko ebekufudula kusenxuweni zidilikile, ngoku zinqatyisiwe zimiwe.’

36Ngoko ke amasalela eentlanga ezimelene nani aya kuqonda ukuba mna Ndikhoyo ndiyivusile into ebidiliziwe, ndatyala apho bekusenkangala. Ndithethile mna Ndikhoyo, ndiya kuyenza loo nto.

37“Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Kwakhona ndiza kukuphulaphula ukubongoza kwendlu kaSirayeli, ndibenzele oku: Ndiya kubenza abantu bayo bande okweegusha,

38babe baninzi okwemihlambi yedini eJerusalem ngomhla wesidlo esimiselweyo. Izixeko ebezidilikile ziya kuzala yintlaninge yabantu, ngathi yimihlambi yeegusha. Baya kuqonda ukuba ndinguNdikhoyo.”

UHezekile 37

Intlambo yamathambo omileyo

1Amandla kaNdikhoyo andongamela, waza wandifunqula ngoMoya wakhe, wandibeka esizikithini sentlambo eyayizele ngamathambo.

2Wandijikelezisa phakathi kwawo, ndaza ndabona amathambo amaninzi ethe waca apho entlanjeni; ayesele ome nko.

3Waza wathi: “Mntundini, angaba saphila na la mathambo?” Ndaphendula ndathi: “Nguwe owaziyo, Mhlekazi Ndikhoyo.”

4Wathi ke kum: “Shumayeza la mathambo, uthi kuwo: Mathambondini omileyo, yivani ilizwi likaNdikhoyo!

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Itsho iNkosi uNdikhoyo kula mathambo ukuthi: Ndiya kufaka umoya kuni
ukuze nidle ubomi.

6Ndiya kunamathelisa imisipha kuni, ndigqume ngenyama, ndize
ndinambathise ngolusu. Ndiya kunifaka umoya, nize nibe ngabaphilayo. Niya
kutsho nazi ukuba ndinguNdikhoyo.”

7Ndashumayela ke njengoko ndandiyalelwe. Ndathi, ndisashumayela njalo,
ndeva isandi esirhwashazayo, aza amathambo ahlangana, ithambo ladibana
nelinye.

8Ndajonga kwaza kwavela imisipha nenyama kuwo, ambathiswa ngolusu,
kodwa ayengekabi namoya.

9Waza wathi kum: “Shumayeza umoya; wushumayeze, mntundini, uthi kuwo:
‘Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Moyandini, yiza uvela kwimimoya
yomine, uphefumlele abafe ngekrele, khon' ukuze babe ngabaphilayo.’ ”

10Ndashumayela ke njengoko endiyalela, waza umoya wangena kuwo, aba
ngabaphilayo, avuka ema ngeenyawo – inyambalala yomkhosi.

11Wathi ke kum: “Mntundini, la mathambo yindlu kaSirayeli iphela. Ithi:
‘Amathambo ethu omile; ithemba lethu lidakile; kuphelile kuthi.’

12Ke shumayela uthi kuyo: ‘Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Bantu bam,
ndiza kuwavula amangcwaba enu, ndize ndinikhuphe kuwo. Ndiza
kunibuyisela ezweni lakwaSirayeli.

13Niya kuqonda ke nina, bantu bam, ukuba ndinguNdikhoyo, xa ndiwavula
amangcwaba enu, ndinikhupha kuwo.

14Ndiya kufaka uMoya wam kuni, ukuze niphile, ndize ndinibeke ezweni
lenu. Niya kuqonda ukuba mna Ndikhoyo ndithethile ndenza, utsho
uNdikhoyo.’ ”

Isizwe esinye phantsi kokumkani omnye

15Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16“Mntundini, thatha intonga, ubhale la mazwi kuyo: ‘EkaJuda namaSirayeli
avana naye.’ Uze uthathe enye intonga, ubhale la mazwi kuyo: ‘Intonga
kaEfrayim eyekaJosefu nayo yonke indlu kaSirayeli evana naye.’

17Zidibanise zibe yintonga enye, zihlale zinjalo esandleni sakho.

18“Xa amawenu ekubuza esithi: ‘Akusichazeli na into ethethwa sesi senzo?’

19yithi kubo: ‘Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Ndiza kuthatha intonga
kaJosefu neyamaSirayeli avana naye esesandleni sikaEfrayim, ndiyidibanise
nekaJuda, ndizenze zibe yintonga enye. Ziya kuba yintonga enye ke esandleni
sam.’

20Babonise iintonga obhale kuzo,

21uze uthi kubo: ‘Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Ndiya kuwaphuthuma
amaSirayeli kwizizwe abalekele kuzo. Ndiya kuwaqokelela kuzo zonke
iindawo, ndiwabuyisele ezweni lawo.

22Abantu bakwaSirayeli ndiya kubenza isizwe esinye elizweni, phezu
kweentaba zikaSirayeli. Baya kulawulwa ngukumkani omnye, bengasokuze
babuye babe zizizwe ezibini, okanye bahlulwa-hlulwe babe ziikumkani
ezimbini.

23Abayi kuphinda bazingcolise ngezithixo zabo ezingamasikizi okanye
nangezinye izikreqo zabo, kuba ndiya kubahlangula bangabi sabuyela
esonweni, ndibahlambulule. Baya kuba ngabantu bam, nam ndibe nguThixo
wabo.

24“ ‘Isicaka sam uDavide siya kuba yikumkani yabo; xa bebonke baya kuba
nomalusi omnye. Baya kuhamba ngokwemithetho yam, bayinyamekele
imimiselo yam bayenze.

25Baya kuhlala elizweni endalabela isicaka sam uYakobi, ilizwe ababemi kulo
ooyihlo. Baya kuhlala apho bona, nabantwana babo, nabantwana
babantwana babo naphakade. UDavide isicaka sam uya kuba yinkosi yabo
naphakade.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

26Ndiya kwenza umnqophiso woxolo nabo; uya kuba ngumnqophiso wanaphakade. Ndiya kubazinzisa, ndibenze bande, ize isibingelelo sam sihlale phakathi kwabo naphakade.

27Ikhaya lam liya kuba phakathi kwabo; ndiya kuba nguThixo wabo, bona babe ngabantu bam.

28Ziya kwazi ke izizwe ukuba mna Ndikhoyo ndim omchongileyo uSirayeli, xa isibingelelo sam siphakathi kwabo ngonaphakade.' "

UHezekile 38

Ukukhatywa kukaGogi

1Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

2"Mntundini, bhekisa kuGogi welizwe laseMogogi, inkosi enkulu yaseMesheki naseTubhali; umkhalimele

3uthi: Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Ndiyalwa nawe, Gogi, nkosi enkulu yaseMesheki naseTubhali.

4Ndiya kukujika, ndifake amagwegwe emihlathini yakho, ndikurhuqe nomkhosi wakho uphela, amahashe akho, umkhosi okhwele amahashe otsho ngezingaziwayo izivatho, isihlwele sonke siphethe amakhaka neengweletshetshe, bonke beqhiwule amakrele abo.

5IPeshiya neKushe nePuti ziya kuba phakathi kwabo, bonke bephethe amakhaka, benxibe iminqwazi yokuzikhusela,

6neGomere nomkhosi wayo uphela, neBhete-togarma iya kuvela kwelikude emantla nomkhosi wayo wonke, intlaninge yezizwe ezilapho kuwe.

7"Lunga, uhlale uchophile; nelo bandla ulihlanganisileyo uhlale uligqalile.

8Emva kweentsuku ezininzi uya kufunzwa umkhosi wakho. Kwiminyaka ezayo uya kuhlasela ilizwe elinoxolo, elibantu balo bahlanganiswe kwintlaninge yezizwe baza kutsho kwiintaba zakwaSirayeli ebekusoloko kusenkangala kuzo. Bakhutshwe ezizweni, ke ngoku bahleli bengalindele ngozi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

9Wena nomkhosi wakho uphela nentlaninge yezizwe niya kunyuka nivuthuza okwesiphango; niya kufana nelifu eligubungele umhlaba.

10“Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Ngaloo mini uya kuceba iqhinga elingendawo.

11Uya kuthi: ‘Ndiza kuhlasela ilizwe elidolophu zingenandonga zikhuselayo; ndiza kuhlasela abantu boxolo bengalindele ngozi – bonke behlala apho kungekho zindonga zikhuselayo nazingcango namivalo.

12Ndiya kuthimba ndityhuthule, ndithathe amaxhoba, ndonakalise kwezo zixeko bezifudula zingamanxuwa nabantu bazo abaqokelelwe ezizweni, abazizityebi ngemfuyo nangempahla, abahlala esizikithini selizwe.’

13IShebha neDan nabarhwebi baseTashishe neelali zayo zonke baya kuthi kuwe: ‘Uze kuthimba na? Eli bandla uliqokelelele ukuza kutyhuthula na? Liza kumka nesiliva negolide nemfuyo nempahla jikelele ngokuyithimba?’

14“Ngoko ke, mntundini, shumayela uthi kuGogi: Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Ngaloo mhla xa abantu bam amaSirayeli behleli bengalindele ngozi akuyi kuyiqaphela na loo nto?

15Uya kuphuma endaweni yakho kwelikude emantla, uhambe nentlaninge yezizwe, zonke zikhwele amahashe, ibandla elikhulu, umkhosi onamandla.

16Uya kuhlasela abantu bam amaSirayeli okwelifu ligqume umhlaba. Kwimihla ezayo, Gogi, ndiya kukwenza uhlasele ilizwe lam, ukuze zazi izizwe ukuba ndingcwele xa ndizibonakalisa kuwe zijongile.

17“Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Akunguye na lowo ndakha ndathetha ngaye ngezicaka zam abashumayeli bakwaSirayeli? Ngelo xesha bashumayela ngeminyaka ezayo besithi ndiya kukwenza ubahlasele.

18Ngaloo mhla kuya kwenzeka oku: Xa uGogi ehlasela ilizwe lamaSirayeli ndiya kuvukwa ngumsindo oshushu, itsho iNkosi uNdikhoyo.

19Ngenxa yekhwele nomsindo wam ndathi: Ngenene kuya kubakho inyikima enkulu elizweni lakwaSirayeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[20]Iintlanzi elwandle, iintaka esibhakabhakeni, izilo endle, nazo zonke izilwanyana ezirhubuluzayo emhlabeni, nabo bonke abantu ehlabathini baya kungcangcazela ngenxa yobukho bam. Ziya kubhukuqwa iintaba; aya kudilika amawa, nazo zonke iindonga ziwe phantsi.

[21]Ndiya kumema amakrele kuzo zonke iintaba zam ukuza kutyakatya uGogi, itsho iNgangalala uNdikhoyo. Abacala-nye baya kubulalana.

[22]Ndiya kumohlwaya ngobhubhani nangobugwinta; ndiya kunisa izandyondyo zemvula, isichotho nesalfure evuthayo phezu kwakhe naphezu komkhosi wakhe nezo zizwe ahamba nazo.

[23]Ndiya kuba ndibonisa ubungangamsha bam; ndibe ke ndiyazazisa kwintlaninge yezizwe. Baya kuqonda ukuba mna ndinguNdikhoyo."

UHezekile 39

[1]"Mntundini, mkhalimele uGogi, uthi: Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Ndiyalwa nawe, Gogi, nkosi enkulu yaseMesheki naseTubhali.

[2]Ndiza kukujika ndikurhuqe. Ndiza kukulanda kwelikude emantla, ndikuse ezintabeni zakwaSirayeli.

[3]Isaphetha sakho ndiya kusibetha siwe kwisandla sakho sasekhohlo, neentolo zakho ziwe kwisandla sakho sasekunene.

[4]Wena nawo wonke umkhosi wakho nesizwe sakho siphela niya kufela ezintabeni zakwaSirayeli. Ndiya kunenza nibe kukutya kweentaka namarhamncwa.

[5]Niya kufela endle elubala, kuba kuthethe mna, itsho iNgangalala uNdikhoyo.

[6]IMagogi nabemi baselunxwemeni abangalindele ngozi ndiya kubathumela ngomlilo ukuze bazi ukuba ndinguNdikhoyo.

[7]"Ndiya kulazisa igama lam elingcwele kubantu bam amaSirayeli. Andiyi kuvuma lingcoliswe igama lam elingcwele, kwaye nezizwe ziya kwazi ukuba mna Ndikhoyo ndinguYedwa wakwaSirayeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Iyeza! Ewe, iza kufika, itsho iNgangalala uNdikhoyo. Yile mini bendiyixela ke leyo.

9Noko abantu abahlala ezixekweni zakwaSirayeli baya kuphuma bazibase zitshe izixhobo zabo, iingweletshetshe namakhaka amakhulu, izaphetha neentolo, amabhunguza nemikhonto. Iya kuphela iminyaka esixhenxe bezenza iinkuni zokubasa.

10Akusayi kubakho mfuneko yakutheza endle nokugawula iinkuni emahlathini, kuba baya kubasa izixhobo. Baya kuthimba kwa-abo bebefudula bethinjwa ngabo, batyhuthule abo bebefudula betyhuthulwa ngabo, itsho iNgangalala uNdikhoyo.

11“Ngaloo mhla uGogi uya kungcwatyelwa kwaSirayeli, kwintlambo ekuhanjwa kuyo ngabahambi abaya ngasempumalanga ngakuLwandle oluFileyo. Elo ngcwaba liya kuxaba endleleni yabahambi, kuba aya kuba elapho amangcwaba kaGogi nesihlwele sakhe siphela. Iya kubizwa ngokuba yintlambo yesihlwele sikaGogi.

12“Indlu kaSirayeli iya kubangcwaba iinyanga ezisixhenxe ukuze licoceke ilizwe.

13Baya kungcwatywa sisizwe siphela, ize loo mini yobungangamsha bam ibe ludumo kubo, itsho iNkosi uNdikhoyo.

14“Kuya kumiselwa amadoda aya kuzingisa ngokulicoca ilizwe. Amanye aya kuhamba lonke ilizwe, amanye angcwabe ezo zidumbu zisabonakalayo phezu komhlaba. Emva kweenyanga ezisixhenxe aya kuqalisa ukuzingela kulo lonke ilizwe,

15kuze kwenziwe umqondiso apho kubhaqwe khona ithambo lomntu de lingcwatywe ngabangcwabayo kwintlambo yesihlwele sikaGogi.

16Apho kuya kubakho nesixeko esiyiHamona. Kuya kuba njalo ke ukuhlanjululwa kwelizwe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17“Mntundini, itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Biza zonke iintlobo zeentaka
nazo zonke izilo zasendle, uthi: ‘Yizani niqokelelane kweli dini
ndinilungiselela lona, inyhikityha yedini phezu kweentaba zakwaSirayeli.
Apho niza kutya inyama nisele negazi.

18Niya kutya inyama yeengangamsha, nisele negazi leenkosi zalo mhlaba
ngokungathi ziinkunzi zeegusha namatakane, iibhokhwe neenkunzi
zeenkomo, zonke zityetyiswe eBhashan.

19Kwidini endinilungiselela lona niya kutya amanqatha nide niwatyekeze,
nisele igazi nide ninxile lilo.

20Kwisithebe sam niya kutya amahashe nabakhweli bawo, iingangamsha nazo
zonke iindidi zamadoda omkhosi,’ itsho iNkosi uNdikhoyo.

21“Udumo lwam ndiya kulubonisa ezizweni, ukuze zonke izizwe zisazi
isohlwayo nobugadalala besandla sam.

22Ukususela kuloo mini isizwe sakwaSirayeli siya kundazi ukuba
ndinguNdikhoyo uThixo waso.

23Izizwe ziya kwazi ukuba abantu bakwaSirayeli bathinjwa ngenxa yesono
sabo, kuba babenganyanisekanga kum. Ke mna ndazifihla kubo, ndaza
ndabanikezela ezintshabeni zabo, bonke babulawa ngekrele.

24Ndabohlwaya kangangokudyobheka kwabo nakangangezikreqo zabo.
Ndazifihla kubo.

25“Ngako oko itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Ndiya kuyijika imeko
kaYakobi, ndibe novelwano kubo bonke abantu bakwaSirayeli; ndiya kuba
nekhwele ngenxa yegama lam elingcwele.

26Ngexesha abahleli bekhuselekile ezweni labo bengalindele ngozi baya
kulilibala ihlazo labo nokunganyaniseki kwabo kum ngaphambili.

27Ndakuba ndibaphuthumile ezizweni, ndababutha emazweni eentshaba
zabo, zonke izizwe ndiya kuzibonisa ngabo ukuba akukho namnye unjengam.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[28]Baya kwazi ngoko ukuba ndinguNdikhoyo uThixo wabo, kuba, nakuba ndabathumela ezizweni baba ngabathinjwa, ndiya kubaqokelela, ndibabuyisele ezweni labo, ndingashiyi namnye.

[29]Andiyi kuphinda ndizifihle kubo, kodwa ndiya kuphokozela uMoya wam kumaSirayeli, itsho iNgangalala uNdikhoyo.”

UHezekile 40

Umbono wokusiwa eJerusalem

[1]Ngonyaka wamashumi amabini anesihlanu wokuthinjwa kwethu, kanye ekuqalekeni konyaka, ngomhla weshumi enyangeni, kunyaka weshumi elinane emva kokoyiswa kweJerusalem, ngaloo mini kanye ndasiva isandla sikaNdikhoyo, wandithatha wandisa eJerusalem.

[2]Wandithatha ngemibono evela kuThixo, wandisa kwilizwe lakwaSirayeli, waza wandibeka phezu kwentaba ephakamileyo eyayinezakhiwo ezazingathi sisixeko kwicala langezantsi.

[3]Wandisa apho, ndaza ndabona umfo owayekhangeleka ngathi sisinyithi. Wayemi esangweni, ephethe intsontelo yelinen noluthi lokulinganisa.

[4]Wathi kum: “Mntundini, uze ujonge ngamehlo akho, uphulaphule ngeendlebe zakho, uyithathele ingqalelo yonke into endiza kukubonisa yona, kuba ulapha nje uziselwe loo nto. Uze umzi wakwaSirayeli uwuxelele konke okubonileyo.”

Isango lasempuma lentendelezo yokuqala yendlu kaThixo

[5]Ndabona udonga olujikeleze yonke inkundla yendlu kaThixo. Ubude boluthi lokulinganisa olwaluphethwe yiloo ndoda babuziimitha ezintathu. Yalinganisa udonga, yaza yafumana luziimitha ezintathu ububanzi ngokunjalo nomphakamo.

[6]Iye kwisango elijonge empumalanga. Ihambe ngezinyuko zesango, yalinganisa umgubasi walo, yaza yafumana uziimitha ezintathu ukungena.

© 1996 Bible Society of South Africa.

7Amagumbi abalindi eludongeni ayeziimitha ezintathu ubude nobubanzi, baza ububanzi beendonga eziwahlula-hlulayo baziimitha ezimbini ezinesiqingatha. Umgubasi wesango ekungeneni kwevaranda ejongene nendlu kaThixo wawuziimitha ezintathu ukungena.

8Yaza ke yalinganisa ivaranda yesango.

9Yayiziimitha ezine ukungena, aza amacala ayo ayimitha ububanzi. Ivaranda yesango yayijongene nendlu kaThixo.

10Apha ngaphakathi kwesango elijonge empumalanga ayemathathu amagumbi eludongeni macala. Ayelingana omathathu, ngokunjalo neendonga eziwahlula-hluleyo.

11Ke ngoko yalinganisa ububanzi besango; babuziimitha ezintlanu, ubude bona buziimitha ezintandathu ezinesiqingatha.

12Phambi kwegumbi eliseludongeni ngalunye kwakukho udonga olusisiqingatha semitha ukuphakama, wona amagumbi aseludongeni enamacala alinganayo aziimitha ezintathu.

13Yaza ke yalinganisa isango ukusuka emantla odonga olungemva lwegumbi olusedongeni elikwelinye icala kuye kuthi nqo kwelingaphesheya, yafumana ingumgama oziimitha ezilishumi elinambini nesiqingatha phakathi kwawo.

14Yenze umlinganiso wazo zonke iindonga eziphongomileyo apha ngaphakathi kwesango, yafumana iimitha ezingamashumi amathathu. Lo mlinganiso uthi ngqu ngevaranda ejongene nentendelezo.

15Umgama ukusuka ekungeneni kwesango kuye kuma entla evaranda wawungamashumi amabini anantlanu eemitha.

16Phezu kwamagumbi aseludongeni kunye neendonga eziphongomileyo ngaphakathi kwesango kwakwakhiwe udongana olulungqameko luneendawo ezivulekileyo. Kwakunjalo nasevarandeni. Zonke iindawo ezivulekileyo zazijonge ngaphakathi. Iindonga eziphongomileyo bezihonjiswe ngesundu.

Intendelezo yokuqala

© 1996 Bible Society of South Africa.

17Le ndoda yandingenisa kwintendelezo yokuqala. Apho ke ndabona amagumbi nendlela egangathiweyo ejikeleze yonke intendelezo. Amagumbi ayayamene nendlela le ayengamashumi amathathu.

18Le ndlela igangathiweyo yayihamba ithi ngqu emasangweni, ububanzi bayo bulingana nobude bawo. Le ke ibiyindlela esemazantsi.

19Yalinganisa umgama ukusuka phakathi kwisango elingezantsi kuye kuthi gaa ngaphandle kwentendelezo engaphakathi; wawuziimitha ezimashumi mahlanu kwisango lasempumalanga ngokunjalo nakwelingentla.

Isango elingentla

20Yaza yalinganisa ubude nobubanzi besango elijonge emantla nelingena kwintendelezo yokuqala.

21Amagumbi aseludongeni, emathathu kwicala ngalinye, iindonga zawo, eziphongomileyo kwanevaranda yalo, zifana nqwa ngomlinganiselo neziya ndawo zesango lokuqala. Ubude bebuziimitha ezingamashumi amabini anantlanu, ububanzi buziimitha ezilishumi elinambini nesiqingatha.

22Iimbombo zalo nevaranda yalo nemihombiso yesundu zazilingana totse neziya zesango elijonge empumalanga. Amanqwanqwa alo asixhenxe ayejongene nevaranda.

23Kwakukho isango lenkundla engaphakathi elijongene nesango elingentla njengoko kunjalo empumalanga. Wenza umlinganiselo ukusuka kwelinye isango ukuya kwelinye, waza waba ngamashumi amahlanu eemitha.

Isango elingezantsi

24Yaza yandisa kwicala elingezantsi, apho ndibone isango elijonge ngezantsi. Yenza umlinganiselo wamacala alo kwanowevaranda yalo, yafumana ufana nowamanye amasango.

25Isango nevaranda yalo lalineembobo phezulu njengakwamanye amasango. Ubude balo yayiziimitha ezingamashumi amabini anantlanu, ububanzi buziimitha ezilishumi elinambini nesiqingatha.

© 1996 Bible Society of South Africa.

26Amanqwanqwa alo ayesixhenxe, ejongene nevaranda yalo. Lalinemihombiso yesundu ezindongeni eziphongomileyo macala omabini.

27Nayo intendelezo engaphakathi yayinesango elijonge emazantsi. Yenza umlinganiso womgama ukusuka kwisango elingaphakathi kuye kwelingaphandle, waba ngamashumi amahlanu eemitha.

Amasango entendelezo engaphakathi

28Le ndoda yandingenisa kwintendelezo engaphakathi ngesango langezantsi, yaza yenza umlinganiso wesango elo. Lalilingana namanye.

29Amagumbi aseludongeni neendonga eziphongomileyo nevaranda yalo zazilingana nezamanye amasango. Isango nevaranda yalo zazineembobo zijikelezile macala onke. Ubude balo babuziimitha ezingamashumi amabini anantlanu, ububanzi buziimitha ezilishumi elinambini nesiqingatha.

30(Iivaranda zamasango angena kwintendelezo engaphakathi ayeziimitha ezilishumi elinambini nesiqingatha ububanzi, neemitha ezimbini ezinesiqingatha semitha ukungena.)

31Ivaranda yayijonge kwintendelezo yokuqala. Amacala ayo ayehonjiswe ngamasundu. Amanqwanqwa okuya kuyo ayesibhozo.

32Yaza yandisa empumalanga yentendelezo yangaphakathi, yenza umlinganiso wesango; wawulingana nowamanye.

33Amagumbi aseludongeni neendonga eziphongomileyo nevaranda yayo zazimlinganiso mnye nowamanye. Isango nevaranda zazineembobo zijikelezile macala onke. Ubude balo babuziimitha ezingamashumi amabini anantlanu, ububanzi buziimitha ezilishumi elinambini nesiqingatha.

34Ivaranda yalo yayijonge kwintendelezo yokuqala, amacala ayo ehonjiswe ngamasundu, esibhozo amanqwanqwa okungena kuyo.

35Yandisa kwisango elingentla, yaza yenza umlinganiso walo. Ifumene lilingana namanye,

© 1996 Bible Society of South Africa.

36ngokunjalo namagunjana aseludongeni neendonga eziphongomileyo kwanevaranda eyayineembobo yonke. Ubude balo babuziimitha ezingamashumi amabini anantlanu, ububanzi buziimitha ezilishumi elinambini nesiqingatha.

37Ivaranda yalo yayijonge kwintendelezo engaphandle. Amacala ayo omabini ayehonjiswe ngesundu, amanqwanqwa aya kuyo esibhozo.

Amagumbi okulungiselela amadini

38Malunga nevaranda yesango ngalinye kwaphakathi kwakukho igumbi elinomnyango apho ayehlanjwa khona amadini atshiswayo.

39Kwivaranda yesango kwakumi iitafile ezimbini macala omabini ekwakuxhelelwa kuzo amadini atshiswayo, nawesono, nawetyala.

40Malunga nodonga olungaphandle lwevaranda yesango kufuphi namanqwanqwa aya ekungeneni kwesango elingentla kwakumi iitafile ezimbini, zaza zambini kwakhona ngaphaya kwawo.

41Ngoko ke zazine iitafile kwicala ngalinye lesango – iitafile ezisibhozo zizonke – apho ayexhelelwa khona amadini.

42Kwakukho iitafile ezine zelitye elilungisiweyo zokusebenzela amadini atshiswayo, itafile nganye iziisentimitha ezingamashumi asixhenxe anantlanu ubude, ikwanjalo nobubanzi, neesentimitha ezingamashumi amahlanu umphakamo. Amadini atshiswayo namanye amadini ayehlinzwa phezu kwazo ngempahla yokuhlinza

43eyayibekwa ethaleni eliseludongeni, thala elo elalibubanzi bungangesandla. Iitafile zazenzelwe ukubeka inyama yamadini.

Amagumbi ababingeleli

44Ngaphandle kwesango elingaphakathi kwakukho amagumbi amabini, elinye limi ecaleni lesango elingentla lijonge ezantsi, elinye ecaleni lesango elingezantsi lijonge entla.

© 1996 Bible Society of South Africa.

45Le ndoda yathi kum: “Igumbi elijonge ngezantsi lelababingeleli abasebenza
indlu kaThixo,

46elijonge ngentla lelababingeleli abasebenza iqonga. Abo ngoonyana
bakaZadoki, ekukuphela kwabaLevi abanokusondela kuNdikhoyo babingelele
phambi kwakhe.”

47Yenza umlinganiso wentendelezo, yafumana amacala elingana: amashumi
amahlanu eemitha ubude namashumi amahlanu eemitha ububanzi. Lona
iqonga lamadini laliphambi kwendlu kaThixo.

Indlu kaThixo

48Le ndoda yandisa kwivaranda yendlu kaThixo, yaza yalinganisa amacala
evaranda leyo; ububanzi macala babuziimitha ezimbini ezinesiqingatha.
Ekungeneni ububanzi babuziimitha ezisixhenxe, ububanzi beendonga
eziphongomileyo macala buyimitha enesiqingatha.

49Ivaranda yayiziimitha ezilishumi ububanzi, yaza yaba ziimitha
ezintandathu ukusuka ekungeneni kuye entla. Bekunyukwa ngamanqwanqwa
ukuya kuyo, kumi iintsika malunga namacala ayo.

UHezekile 41

1Le ndoda yandisa kwigumbi lesibingelelo esingaphandle, yaza yenza
umlinganiso wamacala aso. Ububanzi bawo babuziimitha ezintathu icala
ngalinye.

2Ububanzi ekungeneni babuziimitha ezintlanu, zona iindonga ezimi macala
ziziimitha ezimbini ezinesiqingatha semitha ububanzi. Yenza nomlinganiselo
wegumbi lesibingelelo elingaphandle, wafumana sibubude obuziimitha
ezingamashumi amabini nobubanzi obuziimitha ezilishumi.

3Yandula ukuya kwigumbi lesibingelelo eliphakathi, yenza umlinganiselo
wamacala esango. Icala ngalinye laliyimitha ububanzi. Isango laliziimitha
ezintathu ububanzi, bona ububanzi beendonga zamacala esango buziimitha
ezintathu ezinesiqingatha.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Yenza umlinganiso wobude beli gumbi eliphakathi, yafumana bulishumi leemitha, ububanzi bukwalishumi leemitha ukusuka kwigumbi eliphandle. Yathi ke kum: “Le yiNgcwele kaNgcwele.”

5Yaza yenza umlinganiselo wodonga lwendlu kaThixo, yafumana ububanzi buziimitha ezintathu, kanti wona amagumbi ayame endlwini kaThixo eyijikelezile ayeziimitha ezimbini ububanzi.

6La magumbi ayeyimigangatho emithathu, oko kukuthi elinye lakhiwe phezu kwelinye, engamashumi amathathu kumgangatho ngamnye. Udonga lwendlu kaThixo lwalujikelezwe lungqameko lokuxhasa amagumbi ayame kulo, ngoko ke kwakungekho zixhaso zingena eludongeni.

7Amagumbi ayame endlwini kaThixo ayebanzi elingentla kunelingaphantsi kwalo. Ungqameko olujikeleze indlu kaThixo lwalwakhiwe ngokuya lunyuka, into ke leyo eyatsho namagumbi aye evuleka ngokunyuka kwawo. Kwakukho amanqwanqwa okunyuka ukusuka kumgangatho wokuqala ezantsi, agqobhoze kophakathi, aye kutsho kophezulu.

8Indlu kaThixo yayirhangqwe ludonga emazantsi, olwalusisiseko samagumbi ayamileyo. Umlinganiso walo wawulinganiswa noluthi lokulinganisa, oko kukuthi luziimitha ezintathu.

9Ububanzi bodonga olungaphandle lunamagumbi babuziimitha ezimbini ezinesiqingatha. Ububanzi bebala eliphakathi kwamagumbi ayamileyo

10namagumbi ababingeleli lijikeleze yonke indlu kaThixo babulishumi leemitha.

11Ibala eli lalinamasango amabini okuya kumagumbi ayamileyo, elinye lijonge emazantsi, elinye lijonge emantla. Ibala laliziimitha ezimbini ezinesiqingatha ububanzi lonke njengokuba lijikelezile.

12Ububanzi bendlu eyayimi entshonalanga yentendelezo yendlu kaThixo babuziimitha ezingamashumi amathathu anantlanu, ububanzi bodonga lwayo

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

buziimitha ezimbini ezinesiqingatha, ubude buziimitha ezingamashumi amane anantlanu.

13Yenza umlinganiso wendlu kaThixo. Ubude bayo babungamashumi amahlanu eemitha. Intendelezo nesakhiwo esikufuphi, nazo zazibubude obungamashumi amahlanu eemitha.

14Ububanzi bentendelezo engasempumalanga, bubandakanya nebala lendlu kaThixo, babuziimitha ezingamashumi amahlanu.

15Yenza umlinganiso wesakhiwo esimalunga nentendelezo engemva kwendlu kaThixo, yafumana ubude baso budibene nobeevaranda zaso buziimitha ezingamashumi amahlanu. Igumbi langaphandle nelangaphakathi lesibingelelo, nevaranda ejonge entendelezweni,

16kwanemigubasi neefestilana neevaranda zayo yomithathu, nayo yonke into ngaphaya kwayo, zazigqunywe ngamaplanga. Ngokunjalo umgangatho, udonga ukuya kuthi gaa ngeefestile, nkqu iifestile ngokwazo, zazigqunywe ngamaplanga.

17Kule ndawo iphezu kwesango ngaphandle kwentendelezo ephakathi, nasezindongeni zeentendelezo ephakathi neyokuqala,

18kwakuhonjiswe ngemifanekiso yezithunywa ezimaphiko neyamasundu. Amasundu ayebolekisana nezithunywa ezimaphiko. Isithunywa esimaphiko ngasinye sasinobuso obubini.

19Ubuso bomntu babujonge kwisundu, obengonyama bujonge kwelinye isundu. Le mifanekiso yayikrolwe kuyo yonke indlu kaThixo.

20Ukusuka emgangathweni kuye phezu kwesango kwakukrolwe izithunywa ezimaphiko namasundu kudonga lwegumbi elingaphandle lesibingelelo.

21Umgubasi wegumbi elingaphandle lesibingelelo wawumilise buxande, ngokunjalo nalowo wawumi phambi kweNgcwele kaNgcwele.

22Kwakukho iqonga lomthi elimpakamo uyimitha enesiqingatha nelimacala alinganayo ayimitha enye ngalinye. Iimbombo zalo, nesiseko, kwakunye

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

namacala, konke kwakungumthi. Yathi kum le ndoda: “Le yitafile emi phambi kukaNdikhoyo.”

23Umnyango wegumbi elingaphandle lesibingelelo nolweNgcwele kaNgcwele wawuneengcango ezimbini.

24Umnyango ngamnye wawahlulwe kubini, ucango ngalunye luqhotyoshelwe kwicala lalo.

25Kwakukrolwe izithunywa ezimaphiko namasundu ezingcangweni zegumbi elingaphandle lesibingelelo, njengoko kwakunjalo ezindongeni; kwakukho isixwexwe seplanga phezu kwevaranda ngaphambili.

26Kwakukho iifestile kwiindonga ezingamacala evaranda, kwaza kwahonjiswa ngemifanekiso yesundu macala kuzo. Amagumbi ayamane nendlu kaThixo nawo ayenezixwexwe zamaplanga.

UHezekile 42

Amagumbi ababingeleli

1Le ndoda yaya nam kwicala elingentla, sangena kwintendelezo yokuqala, yandisa kumagumbi ajongene nentendelezo yendlu kaThixo angqalene nodonga lwangaphandle emantla.

2Indlu emnyango ujonge emantla yayinobude obungamashumi amahlanu eemitha nobubanzi obungamashumi amabini anantlanu eemitha.

3Kumacala omabini, icala elaliziimitha ezilishumi ukusuka kwintendelezo ephakathi nakwicala elalingqalene nendlela yentendelezo engaphandle yayiyimigangatho emithathu yeevaranda ezijongeneyo.

4Ngaphambi kwamagumbi kwakukho inyoba ebubanzi busisihlanu seemitha nobude obungamashumi amahlanu eemitha. Iminyango engena enyobeni yayijonge emantla.

5Awona magumbi aphezulu ayemxinwa, kuba ayedlelelelwe ziivaranda kunalawo akumgangatho osezantsi nophakathi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6Amagumbi omgangatho wesithathu ayengenazo iintsika njengoko kwakunjalo kwintendelezo; ngako oko ayemancinane kunalawo omgangatho osezantsi nophakathi.

7Kwakukho udonga olungaphandle olungqalene namagumbi kwanentendelezo engaphandle; ukusuka egumbini lwaluziimitha ezingamashumi amabini anantlanu.

8Njengokuba uluhlu lwamagumbi ayame intendelezo engaphandle lwaluziimitha ezingamashumi amabini anantlanu ubude, olo lwalukwicala elisondele esibingelelweni lwalungamashumi amahlanu eemitha ubude.

9Amagumbi asezantsi ayenesango elingasempumalanga xa uwavelela kwintendelezo engaphandle.

10Kwicala langezantsi mayela nobude bodonga lwentendelezo yangaphandle olwayame intendelezo yendlu kaThixo kwakukho amagumbi

11anenyoba ngaphambi kwawo. Ayefana namagumbi angasentla: ayefana ngobude, ububanzi, iminyango ilingana nokulingana. Iminyango yamagumbi angasentla

12yayifana naleyo yamagumbi angasezantsi. Kwakukho umnyango ekungeneni kwenyoba eyayingqalene nodonga elibude bubhekise empuma, ekwakungenwa ngawo xa kuyiwa emagumbini.

13Le ndoda yathi kum: “Amagumbi angasentla nangasezantsi ajonge intendelezo yendlu kaThixo ngawababingeleli, apho, xa besondela kuNdikhoyo, batyela khona eyona minikelo ingcwele. Kulapho baya kugcina khona awona madini yeyona minikelo ingcwele – eyokutya, eyesono, neyetyala – kuba yindawo engcwele.

14Bakuba ababingeleli bengene kulo mhlaba uwodwa abanako ukuphumela kwintendelezo engaphandle de babe bazishiye ngaphakathi izambatho ababesebenza ngazo, kuba zingcwele. Kufuneka bafake zambatho zimbi xa beza kusondela kumhlaba osikelwe abantu.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15Yakuba iwenzile umlinganiso wezinto ezaziphakathi kwenkundla yendlu
kaThixo yaphuma nam ngesango lasempuma, yaza yenza umlinganiso
weendonga zangaphandle jikelele.

16Yenza umlinganiso wodonga lecala lasempuma ngoluthi lwayo
lomlinganiso, yafumana iimitha ezingamakhulu amabini anamashumi
amahlanu.

17Yalinganisa iindonga zecala lasemantla, yafumana amakhulu amabini
anamashumi amahlanu eemitha ngokoluthi lwayo lokulinganisa.

18Yalinganisa iindonga zecala lasemazantsi, yafumana amakhulu amabini
anamashumi amahlanu eemitha ngokoluthi lomlinganiso.

19Yaza yaya kulinganisa iindonga zecala lasentshona, yafumana amakhulu
amabini anamashumi amahlanu eemitha ngokoluthi lokulinganisa.

20Ke ngoko yenza umlinganiso wamacala omane ale ndawo. Yayirhangqwe
ludonga olubude buziimitha ezingamakhulu amabini anamashumi amahlanu,
nobubanzi obuziimitha ezingamakhulu amabini anamashumi amahlanu. Olu
donga lwalusahlula indawo engcwele kumndilili.

UHezekile 43

UNdikhoyo ubuyela kwindlu yakhe

1Le ndoda yandisa kwisango elijonge empumalanga,

2ndaza ndabubona ubuqaqawuli bukaThixo kaSirayeli buvela
ngasempumalanga. Ilizwi lakhe langa ngumgqumo womsinga wamanzi, waza
umhlaba wakhanya bubuqaqawuli bakhe.

3Umbono endawubonayo nqwa nalowo ndawubonayo mhlenikwezeni wayeze
kutshabalalisa isixeko, kwanaloo mibono ndayibonayo phezu komlambo
iKebhare, ndaza ke mna ndalala tywaa ndifihla ubuso.

4Ubuqaqawuli bukaNdikhoyo bangena endlwini kaThixo ngesango elijonge
empumalanga.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5UMoya wandifunqula wandibeka kwintendelezo ephakathi, yaza indlu
kaThixo yazala bubuqaqawuli bukaNdikhoyo.

6Isemi ngakum indoda leyo, ndeva kukho umntu esendlwini kaThixo ebhekisa
kum,

7wathi: “Mntundini, le yindawo yesihlalo sam nendawo endibeka kuyo
iinyawo zam. Kulapha apho ndiza kuhlala khona phakathi kwamaSirayeli
ngonaphakade. Indlu kaSirayeli ayisokuze iphinde ilixabhele igama lam
elilodwa – nditsho wona neekumkani zawo – ngobuhenyukazi bawo
nangokwenza iindawo eziphakamileyo zokungcwaba izidumbu zookumkani.

8Athi akuyibeka imigubasi yawo ngakweyam, nemigubasi yeengcango zawo
ngakweyeengcango zam, saza sahlulwa nje ludonga, alinyelisa igama lam
ngezenzo zawo ezimanyumnyezi. Ke mna ndawatshabalalisa ndisemsindweni.

9Ke ngoku amaSirayeli makabushenxise phambi kwam ubuhenyukazi bawo
kwanezidumbu zookumkani bawo, ndize ke mna ndihlale phakathi kwawo
ngonaphakade.

10“Mntundini, bachazele ngendlu kaThixo abantu bakwaSirayeli, khon' ukuze
bazidanele izono zabo. Mabayiqwalasele iplani yendlu yam,

11ukuze kuthi ukuba bazidanele izono zabo ubazise ngeplani yendlu kaThixo
– ukuma kwayo amasango okungena nawokuphuma, nabo bonke
ubucukubhede beplani, kwanayo yonke imimiselo nemithetho yayo. Uze ezi
zinto uzibhale phambi kwabo, ukuze banyaniseke eplanini, baqhube
ngokwemimiselo yayo.

12“Nangu ke umthetho wendlu kaThixo: yonke inkundla nommandla wayo
phaya phezu kwentaba yoba yindawo yam ekhethekileyo. Unjalo umthetho
wendlu kaThixo.”

Iqonga lamadini

13“Nangu umlinganiselo weqonga lamadini ngokomlinganiselo
ekulinganiselwa ngawo endlwini kaThixo: umjelo walo sisiqingatha semitha

© 1996 Bible Society of South Africa.

ubunzulu kwanobubanzi, unomqukumbelo oziisentimitha ezisibhozo. Naku ukuphakama kweqonga:

14ukusuka phantsi kumjelo kuye kumphetho ongezantsi umphakamo yimitha, ububanzi bona sisiqingatha semitha, ukusuka kumphetho omncinane kuye komkhulu umphakamo ziimitha ezimbini, ububanzi bona bube kwasisiqingatha semitha.

15Umphakamo weziko leqonga ziimitha ezimbini, kuze apho eziko kubekho iimpondo ezine ezijonge phezulu.

16Iziko leqonga linamacala alinganayo; icala ngalinye lisisithandathu seemitha.

17Umphetho ongentla nawo unamacala alinganayo, uziimitha ezisisixhenxe ubude nobubanzi, unomqukumbelo oziisentimitha ezingamashumi amabini anantlanu, waza wajikelezwa ngumjelo osisiqingatha semitha. Izinyuko zeqonga zijonge empumalanga.”

18Waza wathi kum: “Mntundini, itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Nantsi imigaqo yedini elitshiswayo nokutshizwa kwegazi eqongeni xa selakhiwe.

19Uya kunikezela kubabingeleli abangabaLevi bendlu kaZadoki (bona banako ukuma phambi kwam bandikhonze) ngenkunzi eselula yenkomo ibe lidini lokungxengxezela isono, utsho uNdikhoyo iNkosi.

20Uya kuthatha inxalenye yegazi layo uliqabe kwiimpondo zone zeqonga nakwiimbombo zone zomphetho ongentla nakulo lonke ungqameko, ube ke ngokwenjenjalo uhlambulula iqonga ulingxengxezela.

21Uya kuthatha inkunzi yedini lokungxengxezela isono uyitshisele kwindawo emiselwe loo nto endlwini kaThixo, kodwa ibe ngaphandle kwesibingelelo.

22“Ngosuku lwesibini uya kunikela ngenkunzi yebhokhwe engenasiphako ibe lidini lokungxengxezela isono. Iqonga lohlanjululwa njengoko bekwenziwe ngenkunzi yenkomo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

23Lakuba lihlanjululwe iqonga uya kunikela ngenkunzi yenkomo eselula
nenkunzi yegusha ephuma emhlambini. Zombini ke zingabi nasiphako.

24Uya kuzinikela phambi kukaNdikhoyo, baze ababingeleli basasaze ityuwa
kuzo, zibe lidini likaNdikhoyo elitshiswayo.

25“Uya kugqiba iintsuku ezisixhenxe unikela ngenkunzi yebhokhwe ngelanga,
ibe lidini lesono; uya kukhupha nenkunzi yenkomo eselula kwanenkunzi
yebhokhwe emhlambini, zombini zingabi nasiphako.

26Uya kuthatha iintsuku ezisixhenxe ucamagushela iqonga ulihlambulula;
ngokwenjenje ke liya kuba liyanikezelwa.

27Emva kwezi ntsuku, oko kukuthi ukusuka kusuku lwesibhozo, amadini
atshiswayo neminikelo yobudlelane yenu iya kunikelwa ngababingeleli kweli
qonga. Ngale ndlela ke niya kwamkeleka kum, itsho iNgangalala uNdikhoyo.”

UHezekile 44

Inkosi nabaLevi nababingeleli

1Yaza ke le ndoda yandibuyisela kwisango elingaphandle lesibingelelo, eli
lijonge empumalanga; lalivaliwe.

2Wathi uNdikhoyo kum: “Eli sango malihlale livaliwe. Lize lingavulwa;
kungangeni mntu ngalo. Liza kuhlala livaliwe kuba uNdikhoyo, uThixo
kaSirayeli, ungene ngalo.

3Yinkosi kuphela komntu onokuhlala ngaphakathi kwesango atye phambi
kukaNdikhoyo. Iya kungena ngevaranda yesango, ize ibuye iphume
kwangayo.”

4Indoda yandisa phambi kwendlu kaThixo ngesango elingentla. Ndakhangela
ndaza ndabubona ubuqaqawuli bukaNdikhoyo buyizalisa indlu kaThixo,
ndacambalala ndifihla ubuso.

5Wathi uNdikhoyo kum: “Mntundini, jongisisa ngamehlo akho, uphulaphule
kakuhle ngeendlebe, uze ukuthathele ingqalelo konke endiza kukuxelela kona

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ngemigaqo yonke ebhekiselele kwindlu kaNdikhoyo. Bathathele ingqalelo bonke abangenayo nabaphumayo emasangweni esibingelelo.

6Xelela indlu kaSirayeli, abavukeli, uthi: Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Kambe, ndlu kaSirayeli, nikruqule ngamanyundululu enu

7xeshikweni ninikela kum ngokutya, nangamanqatha, negazi, nide nangenisa esibingelelweni sam iintlanga ezingandikhonziyo ezingalukanga. Ngokwenjenjalo nasinyelisa isibingelelo, nawutyeshela umnqophiso wam ngamanyundululu enu.

8Endaweni yokuqhuba ngokwemigaqo ebhekiselele kwizinto zam ezingcwele, niyalele bantu bambi ukuba balawule isibingelelo sam.

9Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Akukho ntlanga ingalukanga engandikhonziyo iya kungena esibingelelweni sam, nditsho nkqu nomngeneleli ohlala phakathi kwamaSirayeli.

10“Kuphela ngabaLevi abamelwe kukulawula isibingelelo sam, kanti abaLevi basuke bandityeshela ngexesha lokukreqa kwamaSirayeli, baza bahambela kude nam ngenxa yezithixo zabo. Ke ngoko ndiyabohlwaya ngenxa yesono sabo.

11Bangade beme phambi kwesibingelelo sam, balawule amasango endlu kaThixo, basebenze nakuyo; bangawaxhela amadini etshiswayo, babenzele namadini abantu; bangema phambi kwabantu bebalungiselela.

12Kodwa ngenxa yokuba abantu babenzele amadini noxa bekhonza izithixo, baza ngokwenjenjalo bayeyelisela esonweni indlu kaSirayeli, ndamisa isibhozo ndisithi baza kohlwaywa ngeziphoso zabo, utsho uMhlekazi uNdikhoyo.

13“Abayi kusondela kum bandilungiselele okwababingeleli, bengayi kusondela nakwiminikelo yam engcwele okanye bangene kweyona ndawo yam ingcwele. Mabalithwale ihlazo lezenzo zabo ezimanyumnyezi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Ke ndiza kubenza abaququzeleli bendlu kaThixo, benze yonke imisebenzi abayalelwe yona.

15“Kodwa ababingeleli abangabaLevi omnombo kaZadoki, bona bathi banyaniseka emsebenzini wesibingelelo xeshikweni amaSirayeli ayekreqile, bona bangasondela babingelele phambi kwam, benze iminikelo yamanqatha negazi, itsho iNkosi uNdikhoyo.

16Ngabo kuphela abaya kungena kweyona ndawo ingcwele; ngabo kuphela abaya kundilungiselela etafileni yam, babingelele phambi kwam, bawenze umsebenzi wam.

17“Xa bengena emasangweni entendelezo ephakathi mabanxibe impahla yelinen; mabanganxibi impahla eyenziwe ngoboya ngexesha balungiselelayo kwinkundla engaphakathi okanye ngaphakathi endlwini kaThixo.

18Baya kuthwala iiqhiya zelinen entloko, babhinqe ngaphantsi impahla yelinen, bangayinxibi impahla eya kubenza babile.

19Xa bephumela kwinkundla engaphandle, apho kuhleli abantu, kufuneka bayikhulule impahla ebebelungiselela ngayo, bayishiye kumagumbi awodwa, baze banxibe enye, ukuze bangababeki esichengeni abantu ngempahla abayinxibileyo.

20“Mabangaziguguli iintloko, okanye baziyeke iinwele zabo zikhule zibe nde, kodwa ze baziphungule nje.

21Makungabikho mbingeleli usela iwayini xa eza kungena kwinkundla engaphakathi.

22Abanakutshata umhlolokazi okanye umfazi owaliwe yindoda; bangatshata intombi yomnombo kaSirayeli kuphela, kungenjalo umhlolokazi wombingeleli.

23Kufuneka bafundise abantu bam umahluko phakathi kwezinto ezahlulelwe mna nezizezinye, nokuba babe nako ukuyahlula leyo inomlaza kwenyulu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

24“Xa kukho iimbambano kuya kwahlula ababingeleli. Ze bakwenze oko
ngokwemimiselo yam. Baya kuyithobela imigaqo, bayilulamele imimiselo
ejongene nayo yonke imisitho emiselweyo, bajonge ukuba neMihla
yokuPhumla ibe yimihla eyodwa.

25“Umbingeleli maze angazifaki umlaza ngokusondela esidumbini somntu;
kodwa xa isidumbu isesoyise kungenjalo unina, unyana kungenjalo intombi,
umntakwabo kungenjalo udade wabo ongatshatanga, angasondela kuso.

26Uya kulinda isixhenxe seentsuku emva kokuba ehlanjululwe.

27Mhla wangena kwinkundla engaphakathi yesibingelelo kufuneka azenzele
idini lesono, itsho iNkosi uNdikhoyo.

28“Makube kuphela kwam ilifa lababingeleli. Mabanganikwa mhlaba
ungowabo kwaSirayeli; ndim owabo.

29Baya kutya iminikelo yokutya, neyamadini esono, nawetyala; nayo yonke
into kwaSirayeli eyinxaxheba kaNdikhoyo iya kuba yeyabo.

30Ulibo oluphambili lolwabo, kwanazo zonke izipho zenu ezizodwa. Niya
kubanika isabelo sokuqala somgubo wenu ukuze usikeleleke umzi wenu.

31Ababingeleli mabangayityi inyama yento efileyo okanye eqwengwe
ngamarhamncwa, nokuba yintaka, nokuba sisilo.”

UHezekile 45

Ukwahlulwa-hlulwa komhlaba

1“Xa nisaba umhlaba olilifa niya kunikela kuNdikhoyo isabelo somhlaba
oyindawo yakhe eyodwa ube ziikhilomitha ezilishumi elinambini
elinesiqingatha ubude neekhilomitha ezilishumi ububanzi; wonke ke lo
mhlaba uya kuba ngumhlaba ongcwele.

2Kuwo ke kuya kusikwa umhlaba omacala alinganayo. Icala ngalinye loba
ngamakhulu amabini anamashumi amahlanu eemitha, ubekelwe isibingelelo
sikaThixo. Uya kujikelezwa ngumhlaba ophangaleleyo ongamashumi amabini
anantlanu eemitha.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Kulo mhlaba uwodwa maze kusikwe isiqwenga esibude bulishumi elinambini elinesiqingatha seekhilomitha, nobubanzi obuziikhilomitha ezintlanu. Phakathi kuwo kuya kubakho isibingelelo sikaThixo esiyeyona ndawo ingcwele.

4Siya kuba ngumhlaba owodwa osikelwe ababingeleli abakhonzayo endlwini kaThixo nabasondelayo ukuza kubingelela phambi kukaNdikhoyo. Ziya kwakhiwa apho izindlu zabo, ibe lapho nendawo eyodwa yokumisa isibingelelo.

5Umhlaba obude bulishumi elinambini elinesiqingatha seekhilomitha, nobubanzi obuziikhilomitha ezintlanu, uya kuba sisahlulo sabaLevi abangabaququzeleli bendlu kaThixo, ube yindawo yabo yokwakha imizi yabo.

6“Kobakho isixeko esiya kwahlulelwa umhlaba obubanzi bulishumi elinambini elinesiqingatha seekhilomitha ubude neekhilomitha ezimbini ezinesiqingatha ububanzi oyamene nalowo mhlaba uwodwa. Uya kuba sisahlulo sendlu kaSirayeli iphela.

7“Inkosi yesizwe iya kwahlulelwa umhlaba omda wayame kumhlaba owodwa nakumhlaba wesixeko. Uya kunabela entshonalanga kwicala lasentshona, uze unabele empumalanga kwicala lasempuma, ubude bawo busuke kumda wasempuma buye kuthi xhaxhe kumda wasentshona, ulingane nomhlaba osikelwe izizwe ngazinye zakwaSirayeli.

8Lo mhlaba ke uya kuba sisabelo sayo kwaSirayeli. Iinkosi eziphantsi kwam azisokube ziphinde zibacinezele abantu bam, koko ziya kuyivumela indlu kaSirayeli ibe nomhlaba wayo ngokwezizwe zayo.

9“Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: ‘Kwanele, zinkosi zakwaSirayeli! Yahlukanani nogonyamelo kwanengcinezelo, nenze ubulungisa nokulungileyo. Yekani ukuhlutha abantu umhlaba wabo,’ utsho uNdikhoyo iNgangalala.

10‘Ze nisebenzise imilinganiso eyiyo: iefa ngqo, nebhatingqo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Mazilingane iefa nebhati, ibhati ibe sisishumi sehomere, ne-efa ibe sisishumi sehomere; ihomere mayibe ngumlinganiso omiselweyo wazo zombini.

12Ishekele mayibe ngangamashumi amabini eegera. Amashumi amathandathu eeshekele edibene enza imina enye.' "

Iminikelo neentsuku ezizodwa

13" 'Nangu umnikelo owodwa emaniwenze: isinye esithandathwini se-efa kwihomere nganye yengqolowa, nesinye esithathwini se-efa kwihomere nganye yehabile.

14Umlinganiselo omiselweyo wamafutha, ngokomlinganiso webhati sisishumi seebhati kwikore nganye (emlinganiso wayo lishumi leebhati okanye ihomere enye, kuba ishumi leebhati lilingana nehomere).

15Kwakhona makuthatyathwe igusha ibe nye kumhlambi wamakhulu amabini odla kumadlelo aluhlaza akwaSirayeli. Zona ke zosetyenziswa neminikelo yokutya, amadini atshiswayo, neminikelo yobudlelwane yokungxengxezela abantu,' itsho iNgangalala uNdikhoyo.

16'Bonke abantu baya kuthatha inxaxheba kwesi sipho sisodwa esiya kusetyenziswa yinkosi kwaSirayeli.

17Iya kuba luxanduva lwenkosi ukukhupha amadini atshiswayo, iminikelo yokutya, kwaneminikelo ethululwayo ngexesha lemisitho, nelokuthwasa kwenyanga, neloMhla wokuPhumla, kuyo yonke imisitho yakwaSirayeli engummiselo. Iya kukhupha amadini esono natshiswayo, neminikelo yokutya, neyobudlelwane, ukungxengxezela indlu kaSirayeli.'

18"Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: 'Ngosuku lokuqala kwinyanga yokuqala nothatha inkunzi yenkomo eselula engenasiphako nihlambulule indlu kaThixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Umbingeleli wothatha inxalenye yegazi ledini lesono, alityikile emgubasini osemacaleni omnyango, kwiimbombo zone zomphetho ongentla weqonga lamadini, nasemigubasini ephahle isango lenkundla ephakathi.

20Kuya kuphinda kwenziwe njalo ngosuku lwesixhenxe enyangeni, kusenzelwa lowo ungaba wone engaqondanga okanye ebangwa kukungazi; nendlu kaThixo yocanyagushelwa kwangolu hlobo.

21“ ‘Ngosuku lweshumi elinesine kwinyanga yokuqala niza kuba nesikhumbuzo sePasika, umsitho oya kuqhutywa isixhenxe seentsuku, ngalo lonke elo xesha nisitya isonka esinganyuswanga.

22Ngaloo mini inkosi yesizwe iya kukhupha inkunzi yenkomo ibe lidini layo lesono kwanabo bonke abantu belizwe.

23Yonke imihla ngezi ntsuku zomsitho iya kukhupha iinkunzi zeenkomo ezisixhenxe neenkunzi zeebhokhwe ezisixhenxe ezingenasiphako zibe lidini likaNdikhoyo elitshiswayo, neduna lebhokhwe libe lidini lesono.

24Iya kukhupha umnikelo wokutya okhapha inkunzi yenkomo nganye omalunga neekhilogram ezingamashumi amabini, nenye ekwangako ekhapha inkunzi yebhokhwe nganye, kwaneelitha ezintathu zamafutha ezikhapha amashumi amabini eekhilogram zengqolowa.

25“ ‘Ngazo zonke iintsuku ezisixhenxe zomsitho oqalisa ngosuku lweshumi elinesihlanu kwinyanga yesixhenxe, kufuneka awalungiselele kwangolo hlobo amadini esono, natshiswayo, neminikelo yokutya, neyamafutha.’

UHezekile 46

1“Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: ‘Isango lentendelezo ephakathi elijonge empumalanga kufuneka livalwe mba ngazo zonke iintsuku ezintandathu zomsebenzi, luze luvulwe ngoMhla wokuPhumla nangoMhla wokuThwasa kweNyanga.

2Inkosi iya kungena ngevaranda yesango, ize ime malunga nomgubasi. Ababingeleli baya kuyilungiselela idini elitshiswayo nomnikelo

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

wobudlelwane. Iya kukhahlela isemgubasini wesango, ize yandule iphume, kodwa isango aliyi kuvalwa kude kube ngokuhlwa.

3NgeMihla yokuPhumla neyokuThwasa kweNyanga abantu belizwe bonqula phambi kukaNdikhoyo ekungeneni kwesango.

4Idini elitshiswayo eliya kuza nenkosi phambi kukaNdikhoyo ngoMhla wokuPhumla liya kuba ngamaduna amathandathu amaxhwane nenkunzi yegusha, zonke zingenasiphako.

5Umnikelo weenkozo okhapha inkunzi yegusha uya kuba ziilitha ezilishumi elinesixhenxe elinesiqingatha ezihamba neelitha ezintathu zamafutha omnquma, kodwa lowa ukhapha amaxhwane uya kuba kangangokuthanda kwakhe, nto nje iikhilogram ezilishumi elinantandathu mazihambe neelitha ezintathu zamafutha.

6NgoMhla wokuThwasa kweNyanga wonikela ngenkunzi eselula yenkomo, isithandathu samaxhwane, nenkunzi yegusha, zonke zingabi nasiphako.

7Kufuneka akhuphe umnikelo weenkozo oziilitha ezilishumi elinesixhenxe elinesiqingatha uhamba nenkunzi yenkomo, kwanongako ohamba nenkunzi yegusha, yombini ikhatshwa ziilitha ezintathu zamafutha omnquma, kanti kumaxhwane uya kukhupha kangangokuthanda kwakhe, nto nje iikhilogram ezilishumi elinantandathu mazihambe neelitha ezintathu zamafutha.

8Xa inkosi ingena yongena ngesango elinevaranda, ize iphume kwangalo.

9“ ‘Xeshikweni abantu belizwe beze phambi koNdikhoyo ngexesha lemisitho emiselweyo, umntu othe wangena ngesango langentla eze kunqula kufuneka aphume ngesango langezantsi; othe wangena ngesango langezantsi kufuneka aphume ngesango langentla. Akukho mntu uya kuphuma ngesango ebengene ngalo, kodwa umntu ngamnye makaphume ngesango elijongene nalo.

10Inkosi kufuneka ibe phakathi kwabo, ingene kunye nabo, ize iphume kunye nabo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11“ ‘Emibhiyozweni nakwimisitho emiselweyo umnikelo wokutya okuziinkozo ziilitha ezilishumi elinesixhenxe elinesiqingatha kunye neelitha ezintathu zamafutha omnquma ezihamba kunye nenkunzi yenkomo, ngokunjalo kunye nenkunzi yegusha. Phofu ezihamba namaxhwane ziya kuba ngangokuthanda komntu, nto nje iikhilogram ezilishumi elinantandathu mazihambe neelitha ezintathu zamafutha.

12Xa inkosi yenza umnikelo kuNdikhoyo iqhutywa yintliziyo, nokuba lidini elitshiswayo, okanye umnikelo wobudlelwane, iya kuvulelwa isango elingasempuma. Idini layo elitshiswayo okanye umnikelo wobudlelwane iya kuwunikela njengoko isenza ngoMhla wokuPhumla. Yophuma ke, ize ithi yakuphuma livalwe isango.

13“ ‘Yonke imihla khuphani ixhwane elimnyaka mnye elingenasiphako libe lidini likaNdikhoyo elitshiswayo; likhupheni yonke imihla kusasa.

14Xa nilikhuphayo ngeentsasa zonke niya kukhupha nomnikelo womgubo wengqolowa oziikhilogram ezimbini oxutywe nelitha yamafutha omnquma. Ukwenza lo mnikelo kuNdikhoyo ngummiselo oya kuhlala uhleli.

15Ngoko ke idini lexhwane nomnikelo wokutya okuziinkozo namafutha liya kwenziwa yonke imihla kusasa, libe lidini elitshiswayo eliya kuhlala lihleli.’

16“Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: ‘Xa inkosi ithatha umhlaba elifeni layo ize yenze isipho komnye woonyana bayo loo mhlaba uya kuba lilifa lesizukulwana sakhe.

17Kodwa ukuba ithathe umhlaba elifeni layo ize iphe isicaka sayo, loo mhlaba siwuphiweyo isicaka ngowaso de kufike unyaka wenguqulelo; ngelo thuba ke wobuyela enkosini. Ilifa layo leloonyana bayo kuphela.

18Inkosi mayingabahluthi abantu ilifa labo, ibagxothe emhlabeni wabo. Ilifa loonyana bayo maliphume kumhlaba wayo, ukuze kungabikho mntu uhluthwa umhlaba wakhe.’ ”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Le ndoda yangena nam kumnyango omalunga nesango lamagumbi awodwa ababingeleli ajonge emantla, yandibonisa indawo esentla kwicala lasentshonalanga.

20Yathi ke kum: “Le ndawo kulapho ababingeleli baya kupheka khona amadini etyala nawesono, baze boje khona umnikelo wokutya, khon' ukuze bangezi nayo kwinkundla engaphandle, baze ngokwenza njalo babeke abantu esichengeni.”

21Yandisa kwinkundla engaphandle, yandibonisa iimbombo zone zayo, kwimbombo nganye ndabona indawana ebiyelweyo.

22Kuzo zone iimbombo zenkundla engaphandle kwakukho iindawana ezibiyelweyo ezibude bungamashumi amabini eemitha, nobubanzi obulishumi elinantlanu leemitha. Zazilingana zonke ezi ndawana ezikwiimbombo zone.

23Umphakathi wezi ndawana nganye wawujikelezwe lungqameko lwamatye, olutyhutyhwe ngamaziko okuphemba umlilo ngaphantsi kwalo.

24Yathi kum: “Ezi ziindawo zokupheka apho abaququzeleli bendlu kaThixo baphekela khona amadini aze nabantu.”

UHezekile 47

Umsinga ophuma endlwini kaThixo

1Yaza indoda yabuya nam, saya ekungeneni kwendlu kaThixo, ndabona amanzi empompoza phantsi komgubasi wendlu kaThixo, esiya ngasempumalanga. (Kaloku indlu kaThixo yayijonge empumalanga.) Amanzi ayesihla ephuma ngaphantsi kwicala elisemazantsi endlu kaThixo, emazantsi eqonga lamadini.

2Yaphuma nam ngesango lasemantla, sajikela ngaphandle, sada saya kutsho kwisango langaphandle elijonge empuma, abe wona amanzi empompoza evela ngasemazantsi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Yahamba njalo indoda, isiya ngasempumalanga, iphethe umtya wayo wokulinganisa. Yalinganisa kangangamakhulu amahlanu eemitha, yandiweza kumanzi awayebetha eqatheni.

4Yaphinda yalinganisa kangangamakhulu amahlanu eemitha, yandisa kumanzi abetha edolweni. Yaphinda yalinganisa kangangamakhulu amahlanu eemitha, yandiweza kumanzi abetha esinqeni.

5Kwakhona ilinganise amanye amakhulu amahlanu eemitha, kodwa ngoku safika ingumlambo endingenakuwuwela, kuba amanzi ayephezulu, unzulu kangangokuba umntu wayengadadayo – akukho mntu wayenokuwela ngeenyawo ngoku.

6Yabuza kum yathi: “Mntundini, uyayibona na le nto?” Yabuya nam, yandisa elunxwemeni lomlambo.

7Ndakuba ndilapho ndabona imithi emininzi ikhula macala omabini omlambo.

8Ithe kum: “La manzi aqukuqela esiya kummandla wasempumalanga, ehle aye kwintili yeJordan, apho angena khona kuLwandle oluFileyo. Athi akungena elwandle amanzi alapho aphele ubutyuba.

9Apho lo mlambo uqukuqela khona kubakho inkitha yezilo ezihlala khona. Ziya kuba ninzi kakhulu iintlanzi, kuba apho la manzi angena khona amanzi amtyuba ayajika abe nokuselwa; ngako oko apho ucanda khona zonke izinto ziya kuphila.

10Abalobi baya kuba selunxwemeni. Ukusuka e-Engedi kuye e-Eneglayim kuya kubakho iindawo zokwaneka iminatha. Kuya kubakho iindidi ngeendidi zeentlanzi zibe ninzi okweentlanzi zoLwandle oluKhulu.

11Kodwa yona imigxobhozo iya kuhlala imtyuba; kuzuzwa ityuwa kuyo.

12Macala omabini omlambo kokhula imithi yeentlobo ngeentlobo zeziqhamo. Amagqabi ayo akayi kutshaza; yosoloko inika iziqhamo. Iya kunika iziqhamo

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

zonke iinyanga kuba ifumana amanzi aphuma endlwini kaThixo. Iziqhamo zayo ziya kuba kukutya, wona amagqabi abe liyeza.”

Imida yelizwe

13Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: “Nantsi imida yokwahlula umhlaba oza kuba lilifa lezizwe ezilishumi elinambini zakwaSirayeli, uJosefu yena efumana izahlulo ezibini.

14Uya kuzahlulela ngokulinganayo, kuba ndathembisa ngesifungo ukuba lo mhlaba ndiya kuwunika ookhokho benu ukuze ube lilifa lenu.

15“Nantsi ke imida yelizwe: Umda wasemantla uya kuqala kuLwandle oluKhulu, ugudle indlela yaseHetelon, uqabele inkalo, uthi xhaxhe ngeZedada,

16uye eHamati naseBherota, naseSibrayim (emi kumda weDamasko neHamati) uye eHazere-hatikoni ekumda weHawuran.

17Umda lo uya kusuka elwandle uye eHazare-enon, wayame umda osemantla eDamasko, nowamantla eHamati. Lo ke uya kuba ngumda wasemantla.

18Ngasempumalanga umda uya kucanda phakathi kweHawuran neDamasko, wayame iJordan phakathi kweGiliyadi nelizwe lakwaSirayeli, uye kutsho kuLwandle oluFileyo, uthi gaa ngeTamare. Lo ke uya kuba ngumda wasempuma.

19Emazantsi umda uya kuqala eTamare ude uye kuthi gaa ngamanzi eMeribha-kadeshe, uhambe ngomfula ongakwicala laseJiputa, uthi xhaxhe ngoLwandle oluKhulu. Lo ke uya kuba ngumda wamazantsi.

20Kwicala lasentshonalanga umda uya kuba luLwandle oluKhulu, kuthi gaa ngendawo ejongene nenkalo yeHamati. Ngumda wasentshona ke lowo.

21“Niya kuzabela lo mhlaba ngokwezizwe zakwaSirayeli ezilishumi elinambini.

© 1996 Bible Society of South Africa.

22Niya kuwaba ube lilifa lenu nelabangeneleli abêma phakathi kwenu kwasebuntwaneni. Niya kubathatha njengamaSirayeli othuthu; njengani ke baya kwabelwa ilifa phakathi kwezizwe zakwaSirayeli.

23Umngeneleli uya kunikwa ilifa kweso sizwe emi phakathi kwaso," utsho uNdikhoyo iNgangalala.

UHezekile 48

Ukwabiwa komhlaba

1"Nazi izizwe zidweliswe ngamagama azo: Kumda osemantla kuya kwahlulelwa uDan isabelo sibe sinye. Umhlaba wakhe uya kwayama indlela esuka eHetelon iye kwinkalo yeHamati. IHazare-enon nomda osemantla eDamasko malunga neHamati uya kuba ngumda osuka empumalanga uye entshonalanga.

2"Siya kuba sinye isabelo sika-Ashere. Siya kuba ngumhlaba oyamene nokaDan ukusuka empumalanga kuye entshonalanga.

3"Sinye isabelo sikaNafetali; ngumhlaba oyamene noka-Ashere ukusuka empumalanga kuye entshonalanga.

4"Sinye isabelo sikaManase; ngumhlaba oyamene nokaNafetali ukusuka empumalanga kuye entshonalanga.

5"Sinye isabelo sikaEfrayim; ngumhlaba owayame okaManase ukusuka empumalanga kuye entshonalanga.

6"Isahlulo sikaRubhen siya kuba sinye; siyakwayama umhlaba kaEfrayim ukusuka empumalanga kuye entshona.

7"Isahlulo sikaJuda siya kuba sinye; siyakwayama kumhlaba kaRubhen ukusuka empumalanga kuye entshonalanga.

8"Umhlaba oyamene nokaJuda ukusuka empumalanga kuye entshonalanga uya kunikelwa kuNdikhoyo. Ububanzi bawo buya kuba lishumi elinambini elinesiqingatha seekhilomitha, buze ubude bawo ukusuka empumalanga kuye

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

entshonalanga bulingane nobude bomhlaba wesizwe esinye. Ke sona isibingelelo siya kwakhiwa esazulwini sawo.

9“Lo mhlaba uwodwa uya kunikelwa kuNdikhoyo uya kuba ziikhilomitha ezilishumi elinambini elinesiqingatha ubude neekhilomitha ezintlanu ububanzi.

10Le ke iya kuba yindawo eyodwa yababingeleli. Ubude bayo emantla buya kuba ziikhilomitha ezilishumi elinambini elinesiqingatha, buze ububanzi bayo ngasentshonalanga bube ziikhilomitha ezintlanu. Ngasentshonalanga ububanzi buya kuba ziikhilomitha ezintlanu, buze ubude bayo emazantsi bube ziikhilomitha ezilishumi elinambini elinesiqingatha. Isibingelelo sikaNdikhoyo soba sesazulwini sayo.

11Lo mhlaba uya kuba ngowababingeleli abachongiweyo, amaZadoki, wona âlulamela imimiselo yam ngokunyaniseka akakreqa axela abaLevi xeshikweni ayephambukile amaSirayeli.

12Uya kuba yinxaxheba yabo eyodwa ethathwe kumhlaba owodwa nongcwele owayamene nomhlaba wabaLevi.

13“AbaLevi baya kuba nomhlaba owayame lowo wababingeleli. Umlinganiselo wawo uya kuba ziikhilomitha ezilishumi elinambini elinesiqingatha ubude neekhilomitha ezintlanu ububanzi.

14Ze bangawuthengisi okanye batshintshise ngawo. Ngumhlaba okhethekileyo lo; ngako oko uze ungabi ngowabanye abantu, kuba ungumhlaba owodwa kaNdikhoyo.

15“Umhlaba oseleyo obubanzi buziikhilomitha ezimbini ezinesiqingatha nobude obuziikhilomitha ezilishumi elinambini elinesiqingatha uya kuba ngowesixeko, ube yindawo yokwakha izindlu nedlelo. Isixeko siya kuba sesazulwini sawo.

16Ubukhulu baso ke buya kuba ziikhilomitha ezimbini ezinekota emantla, bube kwangako emazantsi, ngasempumalanga nangasentshonalanga.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Idlelo lesixeko liya kuba likhulu elinamashumi amabini anantlanu eemitha entla, libe kwangako ezantsi nasempumalanga kwanasentshonalanga.

18Umhlaba oseleyo kulowo wayame ubude bomhlaba okhethekileyo uya kuba ziikhilomitha ezintlanu ngasempumalanga kwanezintlanu ngasentshonalanga. Isivuno sawo siya kondla abasebenzi besixeko.

19Abasebenzi besixeko abawulimayo baya kuba ngabezindlu zonke zakwaSirayeli.

20Uya kuba ngumhlaba omacala alinganayo alishumi elinambini elinesiqingatha seekhilomitha kwicala ngalinye. Umhlaba okhethekileyo nalowo wabelwe isixeko uya kuba ngumnikelo owodwa.

21“Umhlaba oseleyo macala omabini walowo ungumnikelo owodwa nalowo usikelwe isixeko uya kuba ngowenkosi. Umda wawo wesahlulo sawo ngasinye ukusuka ngasentshonalanga ukuya empumalanga uya kuba lishumi elinambini elinesiqingatha leekhilomitha. Zombini ke ezi ndawo eziyamene nobude bemihlaba yezizwe ziya kuba ngumhlaba wenkosi, uze ke umhlaba owodwa onendlu kaThixo ube sesazulwini sawo.

22Ngoko ke umhlaba wabaLevi nomhlaba wesixeko uya kuba sesazulwini somhlaba wenkosi. Umhlaba wenkosi uya kuthi xhaxhe ngomda wakwaJuda kwelinye icala, uze uthi xhaxhe ngomda wakwaBhenjamin ngelinye.

23“Ngokubhekiselele kwezinye izizwe: siya kuba sinye isabelo sikaBhenjamin; siya kusuka empumalanga siye ngasentshonalanga.

24“USimon uya kuba nesabelo esinye; siya kumelana nomhlaba kaBhenjamin ukusuka empumalanga kuye entshonalanga.

25“UIsakare uya kuba nesabelo esinye; siya kwayamana nomhlaba kaSimon ukusuka empumalanga kuye entshonalanga.

26“UZebhulon uya kuba nesabelo esinye; siya kwayamana nomhlaba kaIsakare ukusuka empuma kuye entshona.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

27“UGadi uya kuba nesabelo esinye; siya kwayamana nomhlaba kaZebhulon
ukusuka empuma kuye entshona.

28“Umda ongezantsi kaGadi uya kusuka eTamare uthi gaa ngamanzi
eMeribha-kadeshe, uze ukhweze umfula ongakwicala leYiputa, uthi gaa
ngoLwandle oluKhulu.

29“Nango ke umhlaba oya kuwabela izizwe zakwaSirayeli ube lilifa lazo
ngokwezahlulo zazo,” utsho uNdikhoyo iNgangalala.

Amasango esixeko

30“Ngawo la amasango okuphuma esixekweni: Xa kuqalwa kwicala
elisemantla, elibude buziikhilomitha ezimbini ezinekota,

31amasango esixeko aya kuthiywa amagama ezizwe zamaSirayeli. Amasango
amathathu angentla aya kuba lisango likaRubhen, isango likaJuda, nesango
likaLevi.

32“Ngakwicala lasempumalanga, elibude buziikhilomitha ezimbini ezinekota,
kuya kubakho amasango amathathu: isango likaJosefu, isango likaBhenjamin,
nesango likaDan.

33“Ngakwicala lasemazantsi, elibude buziikhilomitha ezimbini ezinekota,
kuya kubakho amasango amathathu: isango likaSimon, isango likaIsakare,
nesango likaZebhulon.

34“Ngakwicala lasentshonalanga, elibude buziikhilimitha ezimbini ezinekota,
kuya kubakho amasango amathathu: isango likaGadi, isango lika-Ashere,
nesango likaNafetali.

35“Umgama ukujikeleza isixeko uya kuba ziikhilimitha ezilithoba. “Ukususela
kwelo xesha igama lesixeko kuya kuthiwa nguNdikhoyo ulapha.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

UDaniyeli

UDaniyeli 1

Ibali likaDaniyeli nabalingane bakhe

1Kwathi xa ukumkani uJoyakim akunyaka wesithathu elawula
kwelakwaJuda, ukumkani uNebhukadenezare waseBhabheli weza
eJerusalem, wayingqinga.

2Ke iNkosi yamnikela esandleni sakhe uJoyakim ukumkani wakwaJuda,
yathinjwa inxalenye yempahla yendlu kaThixo. Ezi zinto uNebhukadenezare
waya nazo ezweni laseShinare,waya kuzifaka endlwini yothixo wakhe
kwigumbi elinguvimba wobutyebi.

3Ukumkani uNebhukadenezare wathi kuAshpenazi, intloko yamaphakathi
akomkhulu, makakhethe abafana begazi nabomnombo wezikhulu apho kuloo
maSirayeli wayewathimbile.

4Wathi makakhethe iinzwana ezingenasiphako, ezikrelekrele ngengqondo,
eziqeqeshekileyo, nezinengqiqo – abafana abakufaneleyo ukugosiswa
komkhulu.UAshpenazi wayalelwa ukuba abafundise ukusithetha nokusifunda
isiKaledi.

5Ngaphezu koko ukumkani wayalela ukuba yonke imihla mabaphakelwe
kwimbiza kakumkani, ngokunjalo basele nakwiwayini yakhe. Olu qeqesho ke
lwaluza kuthatha iminyaka emithathu, emva koko bagosiswe komkhulu.

6Phakathi kwâbo bakhethiweyo ke kwabakho nabafana bendlu kaJuda:
uDaniyeli, uHananiya, uMishayeli, noAzariya.

7Ke kaloku intloko yamaphakathi akomkhulu yabathiya amagama amatsha;
uDaniyeli wabizwa ngokuba nguBhelteshazare, uHananiya ngokuba
nguShadraki, uMishayeli ngokuba nguMeshaki, uAzariya ngokuba
nguAbhednigo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Kambe ke yena uDaniyeli wenza isigqibo sokuba angazixabhelingokutya
nangeziselo zalapho ebhotwe. Ngoko ke wacela kwintloko yamaphakathi
akomkhulu ukuba avunyelwe ukungazixabheli ngoku kutya.

9Ngenene ke uThixo wayenza intloko yamaphakathi akomkhulu ukuba
ivelane noDaniyeli, ibe nenceba kuye,

10yona yathi kuye: “Ndiyayoyika inkosi yam ukumkani othe ngokwakhe
wayalela ngento emaniyitye nemaniyisele. Ngoko ke, xa enokunifumana
imbonakalo yenu ingekho kumgangatho omnye nabafana abaziintanga zenu,
mna angandibulala.”

11Ngoko ke uDaniyeli waya kuthetha negosa elalibekwe phezu koDaniyeli
noHananiya noMishayeli noAzariya yintloko yamaphakathi leyo, wathi:

12“Khawusilinge iintsuku zibe lishumi, usityisa kuphela imifino, sisela
amanzi,

13emva kwazo ke uthelekise imbonakalo yethu neyoogxa bethu abatya
kwimbiza kakumkani, ubone ke ukuba thina bakhonzi bakho masithiweni.”

14Nalo ke lavuma ukulwenza olo vavanyo lweentsuku ezilishumi.

15Zakuphela ezo ntsuku uDaniyeli nabalingane bakhe abathathu
bafumaniseka bephilile bondlekile ngaphezu kweentanga zabo ezazisitya
kwimbiza kakumkani.

16Ukususela ngoko ke igosa elo labanika imifino endaweni yokutya newayini
yasebhotwe.

17Aba bafana bane ke uThixo wabathi jize ngolwazi nobuchule kwizinto
ezinjengoluncwadi nobulumko. Ewe, uDaniyeli wamenza wayincutshe
ekuqondeni zonke iindidi zemibono namaphupha.

18Ke kaloku yakuphela iminyaka emithathu leyo yayimiswe ngukumkani,
intloko yamaphakathi akomkhulu yabathatha bonke abo bafana, yabasa
kukumkani uNebhukadenezare.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Ke ukumkani wathi akuthetha nabo wafumana ukuba akukho namnye okumgangatho omnye noDaniyeli noHananiya noMishayeli noAzariya. Ngoko ke bona bangeniswa emsebenzini wakomkhulu.

20Kwimicimbi ephathelele kwezobulumko nengqiqo aba bafana bane baqaqamba kukumkani, kuba babemanelisa kuwo nawuphi na umbuzo, bebadlula kalishumi bonke abenzi bemilingo noosiyazi ababekhona kwelo zwe.

21UDaniyeli lo ke wahlala apho komkhulu yada yangunyaka wokuqala kakumkani uSirasi.

UDaniyeli 2

Iphupha likaNebhukadenezare

1Kunyaka wakhe wesibini elawula ukumkani uNebhukadenezare waba namaphupha awamtsho wakhathazeka, waphuthelwa, akabi nakulala.

2Ke ngoko wathumela ukuba kubizwe bonke abenzi bemilingo, oosiyazi, izanuse, neengcali zeenkwenkwezi, ukuze beze kumchazela iphupha lakhe. Bakuba befikile ke,

3ukumkani wenjenje ukuthetha nabo: “Ndikhathazeke gqitha, kuba ndiphuphe iphupha endingalaziyo intsingiselo yalo.”

4Iingcali zeenkwenkwezi zamphendula ukumkani ngesiAram, zathi: “Bayethe, kumkani! Phila ngonaphakade! Khawuzilawulele iphupha elo izicaka zakho, khon' ukuze zibe nako ukukuchazela into eliyithethayo.”

5Ke yena ukumkani waziphendula iingcali zeenkwenkwezi wathi: “Nasi isigqibo endifikelele kuso: ukuba ke nina aninako ukundixelela iphupha elo, ngaphezu koko nindichazele nentsingiselo yalo, ndiya kuninqunqa nibe ziziqwenga, nemizi yenu idilizwe ibe yindawo ekuyiwa kuyo ngasese.

6Kodwa ke ukuba niyandichazela iphupha elo kunye nentsingiselo yalo, ndiya kuninika umvuzo kunye nezipho, ndinithi jize ngewonga elikhulu. Ngoko ke ndichazeleni eli phupha kunye nento eliyithethayo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

7La madoda ke aphinda aphendula athi: “Ukumkani makabaxelele abakonzi
bakhe iphupha lakhe, ukuze babe nako ukumtyhilela intsingiselo yalo.”

8Waphendula ukumkani wathi: “Ngenene ngoku ndazi ngokumhlophe ukuba
into eniphezu kwayo kukuhambisa ixesha, kuba nisazi ukuba sendifikelele
kwisigqibo.

9Xa ningalichazi eli phupha niya kufumana isohlwayo esinye xa ninonke.
Kaloku nidibene ngeqhinga lokundixokisa, ngenjongo yokuba mhlawumbi
ngokuhamba kwexesha izinto zingaguquka. Ukuze ndiqonde ukuba ninako
ukulilawula iphupha eli, qalani ngokulichaza.”

10Iingcali zeenkwenkwezi ke zamphendula ukumkani zathi: “Kulo lonke
elimiweyo, mhlekazi, akukho mntu unako ukuyenza le nto ayifunayo
ukumkani. Kananjalo, mhlekazi, akukho kumkani, nokuba seleyingangalala
engatshonelwa langa, wakha wathi abenzi bemilingo, oosiyazi, okanye
iingcali zakhe zeenkwenkwezi, mabenze into enje.

11Le nto ukumkani ayifunayo kuthi inzima gqitha. Akukho mntu unako
ukuyenza, ngoothixo bodwa abangayenzayo – kambe ke nabo abahlali apha
phakathi koluntu.”

12Hayi ke, ukumkani wakhathazeka, wavutha ngumsindo, wayalela ukuba
zibulawe izilumko zaseBhabheli.

13Ngoko ke wagunyazisa isohlwayo sokuba mazibulawe zonke izilumko.
Bafunwa ke noDaniyeli nabalingane bakhe ukuba babulawe.

UDaniyeli utyhilelwa iphupha

14Ke kaloku uDaniyeli wamngena ngengqondo nangobulumko uAriyoki
injengele yabalindi bakomkhulu, owayesiya kubulala zonke izilumko
zaseBhabheli,

15wathi kuye: “Ngani ukuba ukumkani agunyazise isohlwayo esiqatha
kangaka?” Akuba uAriyoki echazele uDaniyeli konke okwenzekileyo,

© 1996 Bible Society of South Africa.

16uDaniyeli waya kukumkani, wamcela ukuba akhe ammele, khon' ukuze abe
nako ukumtyhilela iphupha elo lakhe.

17Egodukile ke uDaniyeli wabachazela ngale ngxaki abalingane bakhe
uHananiya noMishayeli noAzariya,

18waza wabanxusa ukuba bathandaze kuThixo osezulwini abenzele inceba
malunga nale mfihlakalo, ukuze yena nabalingane bakhe bangabulawa kunye
nezilumko zaseBhabheli.

19Kanye ngobo busuku uDaniyeli wayityhilelwa ngombono le mfihlakako,
waza ke wambonga uThixo wezulu

20wathi: “Malidunyiswe igama likaThixo ngonaphakade kanaphakade, kuba
bobakhe ubulumko namandla!

21Nguye umguquli wamaxesha neemeko; nguye obakhiqayo ookumkani, kanti
ikwanguye obamisayo. Ngumvathisi wezilumko ngobulumko, azithi jize
ngolwazi iingqondi.

22Nguye umtyhili weentsonkotha ezifihlakeleyo; nezisemnyameni izinto yena
uyazazi. Ngenene yena ulikhaya lokukhanya.

23Wena Thixo woobawo, ndiyakudumisa, ndikubulela kuba wena
undizimasile. Undithe jize ngobulumko namandla. Nangoku wena
undityhilele, wawuphendula umthandazo wethu. Ewe, usityhilele le nto
ifunwa ngukumkani.”

Ukutyhilwa nokulawulwa kwephupha

24Ngoko ke uDaniyeli waya kuAriyoki, umfo owayegunyaziswe ngukumkani
ukuba abulale zonke izilumko zaseBhabheli. Kuye ke wafika wathi: “Ungabi
sazibulala izilumko zaseBhabheli, koko ndithathe undise kukumkani, ukuze
ndimlawulele iphupha lakhe.”

25Ngoko nangoko ke uAriyoki waya noDaniyeli kukumkani, wafika wathi:
“Kubathinjwa bamaJuda ndifumene umntu onako ukukulawulela iphupha
lakho, mhlekazi.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[26]Ukumkani wabhekisa kuDaniyeli owayebizwa ngegama elinguBhelteshazare, wathi: “Uza kuba nako ukundixelela iphupha lam, utyhile nentsingiselo yalo?”

[27]UDaniyeli uphendule wathi: “Hayi, mhlekazi, akukho zilumko, nditsho oosiyazi, nabenzi bemilingo, nezanuse, ezinako ukukuchazela le mfihlakalo uyibuzayo.

[28]Kambe ke ukho uThixo osezulwini ozityhilayo iimfihlakalo. Ke, mhlekazi, kumkani uNebhukadenezare, yena ukwazisa izinto eziya kwenzeka kwimihla ezayo. Nali iphupha lakho, nditsho umbono ofike engqondweni yakho usalele esililini sakho:

[29]“Kaloku uthe usalele, mhlekazi, suka iingcamango zakho zaya kutsho kumaxesha azayo; ke uThixo ongumtyhili weemfihlakalo ukubonise izinto eziza kwenzeka kwixesha elizayo.

[30]Ke mna le mfihlakalo andiyityhilelwanga kuba ndilumkile kunabo bonke abanye abantu, koko ndiyiboniswe khon' ukuze wena kumkani uyazi intsingiselo yephupha lakho, kananjalo uziqonde iingcamango ezifike engqondweni yakho.

[31]“Mhlekazi, uphuphe ubona umfanekiso oqingqiweyo othe bhunxe phambi kwakho. Ewe, ibiluhalakahla oloyikekayo, into ebengezela ngobumenyemenye obungathethekiyo.

[32]Intloko yawo yayenziwe ngegolide ecwengileyo, isifuba neengalo zenziwe ngesiliva. Ke sona isisu ukuya kuthi xhaxhe ngamathanga yalubhedu.

[33]Kanti ke imilenze yona yintsimbi, zaza ke zona iinyawo zenziwa ngentsimbi exutywe nodongwe.

[34]Kuthe usabukele njalo, mhlekazi, suka kwaqhephuka ilityе, lingachukunyiswanga sandla samntu. Liqengqeleke laya kuthi folokohlo kwezo nyawo zenziwe ngentsimbi nodongwe, lazintlekeza zaziingceba.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

35Hayi ke, kutsho yabubusaza – intsimbi, udongwe, ubhedu, isiliva, negolide, xa zizonke zacoleka zanjengomququ esandeni ngexesha lasehlotyeni. Kufike umoya wazitshayela akwasala nomkhondo lo wazo. Ke lona elo litye liwubethileyo loo mfanekiso lasuka lakhula layintaba enkulu ezalise ihlabathi lonke jikelele.

36“Nâlo ke iphupha lakho, mhlekazi. Ngoku ke masikuchazele intsingiselo yalo.

37Mhlekazi, wena ungukumkani wookumkani. UThixo osezulwini wakuthi jize ngobukhosi, amandla, amagunya, nobungangamsha.

38Lonke elimiweyo walinikela esandleni sakho, ukuze ulawule abantu, iintaka, namarhamncwa. Ngoko ke le ntloko yegolide nguwe, mhlekazi.

39Emva kwakho kuza kulandela omnye umbuso onganeno kulo wakho. Kananjalo emva kwawo kolandela owesithathu, owobhedu. Wona uya kulawula ihlabathi lonke jikelele.

40Kwakhona ke kolandela umbuso wesine ongwanyalala okwentsimbi ukomelela, oya kufohloza ukroboze yonke into. Nawo ke uya kuyityoboza okwentsimbi uyicole yonke imibuso engaphambi kwawo.

41Njengoko uzibonile iinyawo neenzwane ukuba zenziwe ngodongwe oluxutywe nentsimbi: le nto ke ithetha ukuba loo mbuso uya kuba ziintlaba-zahlukene. Njengoko kwakuxutywe intsimbi nodongwe nawo ke uya kuba nokomelela kwentsimbi.

42Iinzwane ezinxalenye iyintsimbi ngokunjalo nodongwe zalatha ukuba umbuso lowo uya komelela ngenxenye, ngenxenye ube krobo-krobo.

43Kananjalo ubonile ukuba intsimbi yayixutywe nodongwe. Le ndawo ke ikwathetha ukuba baya kuzama ukumanyana ngokwendiselana, kodwa ke loo nto iya kufadalala kwanjengokuba intsimbi ingaxubeki nodongwe.

44Kanye ke ngexesha lâbo kumkani uThixo wezulu uya kumisela ulawulo olungasoze lutshitshe. Obo iya kuba bubukumkani obungenakoyiswa, koko

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

obuya kutyumza buphelise yonke eminye imibuso, buze bona bume kude kube ngunaphakade.

45Yile nto uyibonileyo xa ububona ilitye liqhephuka entabeni lingachukunyiswanga sandla samntu, laza laya kuntlitha laa mfanekiso wenziwe ngentsimbi, ubhedu, udongwe, isiliva, negolide. Ngoko ke uThixo omkhulu uyakwazisa, mhlekazi, mayela nezinto eziya kwenzeka kwimihla ezayo. Eli phupha liyinyaniso, yaye ingcaciso yalo ithembekile."

Ukuwongwa kukaDaniyeli

46Kwesi sithuba ke ukumkani uNebhukadenezare wazikhahlela emhlabeni phambi koDaniyeli emhlonela, wathi makwenziwe umnikelo weenkozo kunye neziqhumiso kuye.

47Wabhekisa kuDaniyeli wathi: "Ngenene uThixo wakho nguThixo woothixo, iNkosi yezikumkani, umtyhili weemfihlakalo, kuba wena ube nako ukuyityhila le mfihlakalo."

48Ke kaloku uDaniyeli wathiwa jize ngewonga elingayiwayo, ukumkani wamnika intaphane yezipho ezihle kunene. Wamiswa waba ngumlawuli wesithili saseBhabheli, futhi waba yingqonyela yazo zonke izilumko zalapho.

49Ngesicelo sikaDaniyeli ke ukumkani wabamisela ooShedreki noMeshaki noAbhednigo baba ziziphathamandla esithilini saseBhabheli; kambe ke yena uDaniyeli waba yingqonyela yakomkhulu.

UDaniyeli 3

Umfanekiso wegolide

1Ke kaloku ukumkani uNebhukadenezare wenza umfanekiso ngegolide. Ukuphakama wawuziimitha ezimashumi mabini anesixhenxe; ukwisithuba seemitha ezintathu ububanzi. Wawumisa kwithafa laseDura kwalapho esithilini saseBhabheli.

2Akuba ewenzile wazihlanganisela kuye iirhuluneli, nabaphathiswa, nabalawuli, nabacebisi, noonondyebo, nabagwebi, noomantyi, nawo onke

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

amanye amagosa ombuso eso sithili. Wayewabizela ukusungula loo mfanekiso wayewumisile.

3Bakuba behlanganisene ke oozirhuluneli aba, nabaphathiswa, nabalawuli, nabacebisi, noonondyebo, nabagwebi, noomantyi, nawo onke amanye amagosa eso sithili, beze kulo msitho wokusungula umfanekiso omiswe ngukumkani uNebhukadenezare, bema xhonkxosholo apho phambi kwawo.

4Ke isigidimi sadanduluka simemeza sisithi: “Nina zizwe xa ninonke, iintlanga nazo zonke iilwimi,

5ze nithi nakuva isandi sesigodlo, ixilongo, umrhubhe, ikatala, ihapu, impempe, nazo zonke ezinye iintlobo zezixhobo zomculo, ewe, xa ninonke mayithi nje yakuqala loo ngoma, nithi guqaqa nikhahlele ninqule lo mfanekiso umiswe ngukumkani uNebhukadenezare!

6Kambe ke nabani na ongakhahlelanga anqule, ngoko nangoko uya kuthathwa aphoswe kwiziko elidangazela umlilo.”

7Ngenene ke sathi sakuvakala eso sandi sesigodlo, nexilongo, nomrhubhe, nekatala, nehapu, nazo zonke ezinye iintlobo zezixhobo zomculo, wonke umntu nazo zonke izizwe iintlanga neelwimi, xa bebonke bee waca bakhahlela banqula loo mfanekiso wegolide wawumiswe ngukumkani uNebhukadenezare.

Ukumangalelwa kwabalingane bakaDaniyeli

8Ngeli thuba ke amaKaledi athile amangalela inxenye yamaJuda.

9Abhekisa kukumkani uNebhukadenezare, athi: “Bayethe, mhlekazi! Phila ngonaphakade!

10Wena uwise umthetho wokuba ze kuthi kusakuvakala isandi sesigodlo, ixilongo, umrhubhe, ikatala, ihapu, impempe, nazo zonke ezinye izixhobo zomculo, wonke umntu akhahlele anqule umfanekiso wegolide.

11Watsho nokuthi umntu ongakhahlelanga anqule lo mfanekiso uya kuthathwa aphoswe kwiziko elidangazela umlilo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Ke, mhlekazi, kukho amaJuda athile wena owawamisayo angoomaqhuzu
kwimicimbi yesi sithili saseBhabheli – abo nguShedreki, uMeshaki,
noAbhednigo – abo kanye ke, mhlekazi, abakuhoyanga. Ewe, ababanquli
oothixo bakho, bengakhahleli nakulo mfanekiso uwumisileyo.”

13Ukumkani wavutha ngumsindo, wathi mabaziswe kuye ooShedreki
noMeshaki noAbhednigo. Aziswa ke la madoda phambi kokumkani,

14wabhekisa kuwo wathi: “Shedreki, Meshaki, nawe Abhednigo, ngaba
yinyani ukuba nina niyala ukubanqula oothixo bam, ningavumi nokukhahlela
kumfanekiso wegolide endiwumisileyo?

15Nangoku ke ze nithi nisakuva isandi sesigodlo, ixilongo, umrhubhe, ikatala,
ihapu, impempe, nazo zonke ezinye izixhobo zomculo, ningathingazi, koko
nikhahlele ninqule lo mfanekiso ndiwumisileyo. Ke ukuba aniyenzanga loo
nto, ngoko nangoko niya kuphoswa kwiziko elivutha umlilo. Kakade ke
nguwuphi na uthixo onganihlangulayo esandleni sam?”

16Ke kaloku uShedreki noMeshaki noAbhednigo baphendula ukumkani bathi:
“Mhlekazi Nebhukadenezare, akukho mfuneko yokuba sizithethelele kulo
mbandela.

17Sinaye uThixo wethu esimnqulayo. Unawo amandla okusihlangula kwelo
ziko lidangazela umlilo, yaye uya kusisindisa esandleni sakho, kumkani.

18Kambe ke, noba akasihlangulanga, yazi mhlophe, mhlekazi, ukuba asiyi
kubanqula oothixo bakho, futhi asiyi kuguqa sikhahlele kulo mfanekiso
wegolide uwumisileyo.”

Abalingane bakaDaniyeli baphoswa eziko

19Hayi ke ngoku, ukumkani uNebhukadenezare watsho wandlongozela
ngumsindo, nobuso bakhe baxubayela ngakooShedreki noMeshaki
noAbhednigo. Ngoko ke wathi iziko malibaswe ngokuphindwe kasixhenxe
kunesiqhelo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

20Waza ke wayalela ezinye iingwanyalala zomkhosi wakhe ukuba zibaqamangele ooShedreki noMeshaki noAbhednigo, zibaphose kwelo ziko lidangazelayo.

21Aza ke la madoda abotshwa aphoswa phakathi kwelo ziko livuthayo enxibe ezo mpahla zawo – iminweba, iibhulukhwe, nezankwane.

22Kwathi, ngenxa yokuba ilizwi lokumkani belingqongqo, iziko lenziwa lashushu ngokugqithisileyo kangangokuba loo madoda ayebaphosa ooShedreki noMeshaki noAbhednigo kwelo ziko atshiswa ngumlilo lowo, afa.

23Ke bona bobathathu uShedreki noMeshaki noAbhednigo baya kuwa besabotshiwe apho phakathi kweloo ziko livuthayo.

24Kuthe kusenjalo wothuka wasuka waxhuma emangalisekile ukumkani uNebhukadenezare. Wabuza kumaphakathi akhe, wathi: “Kanene besingaphosanga amadoda amathathu na abotshiweyo kweli ziko lidangazelayo?” Ke aphendula athi: “Kunjalo, mhlekazi.”

25Ke yena wathi: “Phofu ke, ngani ukuba ndibone amadoda amane ehamba-hamba emlilweni? Akabotshwanga nakubotshwa, futhi akabonakalisi nakwenzakala – ke yona le yesine ifana nonyana woothixo ngembonakalo.”

Abalingane bakaDaniyeli bayakhululwa

26Ngoko ke ukumkani uNebhukadenezare wasondela esangweni lelo ziko livuthayo, wathi: “Shedreki! Meshaki! Abhednigo! Zicaka zikaThixo uPhezukonke! Phumani, nize apha!” Aphuma ke loo madoda omathathu.

27Ke onke amagosa kakumkani ahlanganiselana, iziirhuluneli, nabaphathiswa, nabalawuli, nabacebisi, bonke bemangalisiwe kukubona loo mhlola wokuba umlilo awubanga namandla emizimbeni yaloo madoda. Ewe, iinwele zawo zange zirhawuke nokurhawuka oku, kanti neempahla zawo zange zitshe ngumlilo; ngenene wona ayengenalo nevumba eli lomlilo.

28Ukumkani uNebhukadenezare ke wathi: “Makabongwe uThixo kaShedreki, kaMeshaki, noAbhednigo, othume isithunywa wazihlangula izicaka zakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Zona zimnqule ngentembeko, zaza azawuhoya umyalelo kakumkani, zaxolela ukuyinikela imizimba yazo endaweni yokuguqa zinqule nawuphi na uthixo ngaphandle koThixo wazo.

29“Ngoko ke ndiwisa umthetho othi nabani na, nowasiphi na isizwe, noba ngowaluphi na uhlanga, noba ngowayiphi na intetho, umntu onyelisa uThixo kaShedreki noMeshaki noAbhednigo – owenza loo nto uya kwenziwa iziqwenga, wona umzi wakhe udilizwe ube yindawo ekuyiwa kuyo ngasese. Kaloku akukho Thixo wumbi unako ukusindisa ngale ndlela.”

30Waza ke ukumkani uNebhukadenezare wabanyusela kwizikhundla eziphezulu ooShedreki noMeshaki noAbhednigo apho kweso sithili saseBhabheli.

UDaniyeli 4

Iphupha lesibini likakumkani

1“Nalu udaba lukakumkani uNebhukadenezare kubantu bazo zonke izizwe neentlanga nazo zonke iilwimi ezikhoyo emhlabeni: “Makube luxolo nenkqubela kuni!

2“Kubonakele iyinto entle kum ukuba ndinazise ngemiqondiso nemimangaliso andenzele yona uThixo uPhezukonke.

3“Mikhulu kambe imiqondiso yakhe! Asinto ukurhwaqelisa imimangaliso yakhe! Ulawulo lwakhe ke lona alunasiphelo; ewe, elakhe igunya lihlala lihleli, liqhakamishela izizukulwana ngezizukulwana.

4“Mna Nebhukadenezare ndandizonwabele ndizihlalele emzini wam, ndingenalo nexhala.

5Ndaphupha iphupha elandothusayo. Ndathi ndisalele emandlalweni wam ndanemibono neengcingane ezandoyikisayo.

6Ndaza ke ndathi mazibizwe zonke izilumko zaseBhabheli, ukuze zindityhilele iphupha lam elo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

7Bathe ke bakufika abenzi bemilingo, oosiyazi, iingcali zeenkwenkwezi, nezanuse, ndazichazela iphupha elo, kodwa ke zoyiswa kukundityhilela intsingiselo yalo.

8Ekugqibeleni ke kwafika kum uDaniyeli, okwabizwa ngokuba nguBhelteshazare, gama elo lilelothixo wam. Ke yena lo mfo wayenomoya woothixo abangcwele.

9Ndathi kuye: Bhelteshazare, ngqonyela yezilumko, ndiyazi ukuba wena unomoya woothixo abangcwele, yaye ke akukho mfihlakalo ekunqabeleyo. Nali ke iphupha lam; khawundichazele intsingiselo yalo.

10Nantsi imibono ethe qatha kum engqondweni ndisemandlalweni wam: Nâlo uhalakahla lomthi umi esizikithini sehlabathi.

11Loo mthi ke wakhula womelela waba mkhulu wada waya kuthi rhece ezulwini, wabonakala eziphelweni zehlabathi jikelele.

12Wawutsho ngamagqabi amahle kunene, unentaphane yeziqhamo, zibanele xa bebonke abantu. Emthunzini wawo zaziphumla khona zonke iinyamakazi, neentaka zisakhela emasebeni awo. Ewe, loo mthi wawusondla zonke iindidi zezidalwa.

13“Ndisalele njalo emandlalweni wam ndijika-jikana nalo mbono, ndabona kusithi thu ezulwini isithunywa esingcwele.

14Sadanduluka ngamandla sathi: ‘Gawulani loo mthi, niwunqunqe amasebe. Waqhawuleni amagqabi, nisarhaze nezo ziqhamo zawo. Zigxotheni izilwanyana phantsi kwawo, nindulule nezo ntaka zisemasebeni awo.

15Ke sona isikhondo sishiyeni, ndawonye neengcambu zaso, nisibophelele ngentsimbi nobhedu, sisale simile apho edlelweni phakathi kwengca. “ ‘Ngoku ke makalalelwe ngumbethe, ahlulelane ngotyani nezilwanyana apho emadlelweni.

16Ingqondo yakhe mayiyeke ukuba yeyomntu, isuke ibe yeyesilwanyana, de kudlule amaxesha amisiweyo asixhenxe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Nâso ke isigqibo esivakaliswa zizithunywa, nditsho umyalezo obhengezwa zezingcwele, khon' ukuze lonke uluntu luqonde ukuba nguThixo uPhezukonke ozilawulayo zonke izirhulumente zabantu, luqonde nokuba yena ulawulo ulunikela nakubani na athanda ukumnika, nkqu nalowo ungazelwe nto.'

18"Nâlo ke iphupha endiliphuphileyo mna kumkani uNebhukadenezare. Ngoko ke, Bhelteshazare, nceda undichazele intsingiselo yalo. Zonke izilumko zam apha ebhotwe zoyisiwe kukulityhila; kambe ke wena unako ukulityhila, kuba wambathiswe ngumoya woothixo abangcwele."

UDaniyeli ulawula iphupha

19Kwesi sithuba ke uDaniyeli, lo kuthiwa nguBhelteshazare, wasuka wee nkamalala umzuzwana ekhwankqisiwe. Ke ukumkani wathi kuye: "Hayi, wena Bhelteshazare, musa ukothuswa leli phupha nentsingiselo yalo." UBhelteshazare ke waphendula wathi: "Mhlekazi, eli phupha nentsingiselo yalo akwaba belibhekiselele kwabakuthiyileyo nabakuchasayo.

20Laa mthi uwubonileyo uluhalakahla olomelele lwakhula lwakrweca izulu, laza labonakala kulo lonke ihlabathi,

21umthi omagqabi mahle kunene, oziqhamo zawo zanele uluntu lonke, umthi ekuphumla iinyamakazi emthunzini wawo, ngokunjalo neentaka zakhela emasebeni awo,

22umthi lowo nguwe, mhlekazi. Kaloku wena ukhule wada wangukrwecizulu ngobungangamsha, lwaza ulawulo lwakho lwaya kutsho esiphelweni sehlabathi.

23Uthe usabukele ke, mhlekazi, kwathi gqi ezulwini isithunywa esingcwele sathi: 'Gawulani lo mthi niwutshitshise, kodwa nisishiye apho emhlabeni sona isikhondo ndawonye neengcambu zaso, nisiqamangele ngentsimbi nobhedu, sihlale apho phakathi kwengca emadlelweni. Makalalelwe ngumbethe, ahlulelane ngotyani nezilwanyana amaxesha amisiweyo asixhenxe.'

© 1996 Bible Society of South Africa.

24“Naku ukuchazwa kwalo ke, mhlekazi – ngenene esi sisimiso asimisele
wena uPhezukonke.

25Wena, kumkani, uza kugxothwa umke phakathi koluntu, uye kuhlala
nezilwanyana zasendle, utye ingca njengeenkomo, ulalelwe ngumbethe. Yoba
ngamaxesha amisiweyo asixhenxe ude uvume ukuba nguPhezukonke
ozilawulayo zonke izirhulumente zabantu, uqonde ukuba yena ulawulo
ulunikela nakubani na athanda ukumnika.

26Njengoko izithunywa zithe isikhondo sineengcambu zaso masishiywe
emhlabeni, loo nto ithetha ukuba ulawulo lobuyiselwa kwakuwe, wakuba
uvumile ukuba ngulowo usezulwini olawulayo.

27Ngoko ke, mhlekazi, khawuphulaphule ndikucebise: Zohlwaye ngezono
zakho, wenze ubulungisa; yahlukana nobugwenxa bakho, uvelane nabo
abantu abahlelelekileyo. Xa kunjalo uya kuhlala uhleli wonwabile.”

Ukuzaliseka kwephupha

28Yonke le nto yamhlela ukumkani uNebhukadenezare.

29Emva kweenyanga ezilishumi elinambini wathi esahamba-hamba
kumgangatho ophezulu apho ebhotwe komkhulu eBhabheli,

30wasuka wathi: “Hayi ukuba sikhulu kwaso esi sixeko esiyiBhabheli! Ndim
kaloku owasakhayo ngamandla am amakhulu. Ndasenza ikomkhulu lam
ukuze siphuhlise isihomo nesithozela sam.”

31Esathetha njalo ke kwavakala ilizwi liphuma ezulwini lisithi: “Kumkani
Nebhukadenezare, naku okugqityiweyo ngawe: Uyawohluthwa onke
amagunya akho obukumkani.

32Uza kugxothwa ebantwini, uye kuhlala nezilwanyana zasendle, utye ingca
njengeenkomo. Yoba ngamaxesha amisiweyo asixhenxe de uvume ukuba
uPhezukonke nguye ozilawulayo izirhulumente zabantu, yaye ke ulawulo
ulunika nabani na athanda ukumnika.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

33Kwangoko ke olu daba lwafezekiswa apho kuNebhukadenezare. Wagxothwa phakathi kwabantu, waya kutya ingca njengeenkomo. Walalelwa ngumbethe, zaza iinwele zakhe zaziingqajolo ezinjengeentsiba zokhozi, neenzipho zakhe zatsolo okwezentaka.

UNebhukadenezare udumisa uThixo

34“Emva kwaloo mihla imisiweyo mna Nebhukadenezare ndakhangela ezulwini, kwatsho kwee dlwe, zabuya iingqondo! Ndambonga ke uPhezukonke, ndamdumisa ndamncoma lowo ungophilayo kude kuse ephakadeni. “Kaloku igunya lakhe aliyi kuba nasiphelo. nalo ulawulo lwakhe luhleli kwizizukulwana ngezizukulwana.

35Uluntu alunto yanto xa luthelekiswa naye, nkqu nempi yasezulwini iphantsi kwegunya lakhe, ngokunjalo ke nabantu emhlabeni apha. Ewe, akukho namnye unokusithintela isandla sakhe, kungekho namntu unokuthi kuye: ‘Yintoni le uyenzileyo?’

36“Ndakubuyela ezingqondweni ke satsho sabuya isidima nobuhandiba bam, baza babuya nobungangamsha boburhulumente bam. Amaphakathi ndawonye nezikhulu zam zandifuna, ndabuyiselwa ngokuthe kratya ngobuhandiba esihlalweni sam.

37Ngoko ke mna Nebhukadenezare ndiyambonga ndimdumisa ndimzukisa uKumkani osezulwini. Kaloku konke akwenzayo kulungile, nezenzo zakhe zifanelekile. Ke bona abanekratshi yena uyabathoba.”

UDaniyeli 5

Umbhiyozo kaBhelshazare

1Ukumkani uBhelshazare wenzela iwaka lezikhulu zakhe ingxikela yombhiyozo, wasela iwayini kunye nazo.

2Ithe ke isakuvakala intselo apho kukumkani wathi makulandwe izitya zegolide nezesiliva ezazithinjwe nguyise uNebhukadenezare endlwini kaThixo eJerusalem. Xa bebonke ke, ukumkani nezikhulu zakhe, nabafazi bakhe, ngokunjalo namaqadi akhe, babeza kutyela kuzo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Ngenene ke zeziswa ezo zitya zegolide ezazithinjwe endlwini kaThixo eJerusalem, wasela ngazo ukumkani nezikhulu zakhe, ndawonye namakhosikazi akhe kunye namaqadi akhe.

4Basela iwayini, basuka badumisa oothixo abenziwe ngegolide, nabesiliva, abobhedu, abentsimbi, abomthi, nabelitye.

5Kuthe kusenjalo ke kwasuka kwathi gqi iminwe yesandla somntu, yabhala eludongeni malunga nendawo eyayihlala isibane apho ebhotwe. Ke ukumkani wasibukela eso sandla sibhalayo.

6Le nto ke ukumkani yamothusa watsho wee rhubaxa, yadideka ingqondo yakhe, wangenwa yingevane, watyhwatyhwa, namadolo abetha-bethana.

7Ukumkani ke wakhwaza ngamandla ukuba kubizwe oosiyazi, iingcali zeenkwenkwezi, kunye nezanuse, waza wathi kwezi zilumko zaseBhabheli: “Umntu othe wanako ukuwufunda lo mbhalo, wawuchaza nento oyithethayo, uya kuvathiswa umnweba omsobo, athiwe gatya umxokelelwana wegolide entanyeni, aze enziwe owesithathu kubalawuli beli lizwe.”

8Zafika ke izilumko zikakumkani, kodwa zonke zaxakwa kukuwufunda loo mbhalo, yayinqaba nokuchaza intsingiselo yawo.

9Hayi ke, woyika ngokugqithisileyo ukumkani uBhelshazare, nobuso bakhe bathi rhubaxa ngakumbi, zaye nezikhulu zakhe zididekile.

10Akuyiva ingxokozelo eyayisenziwa ngukumkani nezikhulu zakhe ukumkanikazi wangena apho kuloo ndlu yombhiyozo, wabhekisa kukumkani, wathi: “Phil' ud' ukhokhobe, kumkani! Hayi, musa ukoyikiswa kangaka ziingcinga zakho, ujike nebala lobuso bakho.

11Kaloku kwalapha kulo mbuso wakho ukho umfo onomoya woothixo abangcwele. Ngexesha lokulawula kukayihlo lo mfo wazibonakalisa ukuba unengqiqo, nolwazi oluphangaleleyo, nobulumko obufana noboothixo. Ke yena uyihlo uNebhukadenezare wammisela wayingqonyela yabenzi bemilingo, oosiyazi, iingcali zeenkwenkwezi, kunye nezanuse.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Lo mfo ubalasele ngobulumko nolwazi nokuqiqa, enobuchule ekutyhileni amaphupha, ekusombululeni amaqhina, nasekuqwabululeni iintsonkotha. Igama lakhe nguDaniyeli, kodwa ke yena ukumkani wathi nguBhelteshazare. Biza yena; uya kukuchazela intsingiselo yalo mbhalo.”

Ukuchazwa kombhalo

13Walandwa, kweziwa naye ke uDaniyeli apho kukumkani, owathetha naye wenjenje: “Ngaba unguDaniyeli, omnye wabathinjwa belakwaJuda abeza nobawo ukumkani?

14Ndivile ke ukuba ungumfo owambathiswe ngomoya woothixo, onengqiqo, nolwazi oluphangaleleyo, nobulumko obubodwa.

15Izilumko noosiyazi ndibabizile ukuba beze kufunda lo mbhalo, bandichazele nentsingiselo yawo, kodwa boyisiwe.

16Ndivile ukuba unako ukuchaza intsingiselo yezinto, ukhulule namaqhina. Ukuba ngoku unokundifundela lo mbhalo, undichazele nentsingiselo yawo, ndingakuthi wambu ngomnweba omsobo, uthiwe gatya nomxokelelwana wegolide, umiselwe ube ngowesithathu kubalawuli beli lizwe.”

17UDaniyeli ke waphendula wathi kukumkani: “Ungazidubi ngokundinika izipho; okanye ke zinike mntu wumbi! Ke wona umbhalo lo, ndiza kumfundela ukumkani, ndimchazele nento oyithethayo.

18Mhlekazi! Uyihlo uNebhukadenezare wanikwa intonga yobukhosi nguThixo uPhezukonke, wamenza mkhulu, wamthi jize ngobungangamsha nobuhandiba.

19Ngangobukhulu awayebunikiwe abantu bezizwe zonke, iintlanga, neelwimi ngeelwimi, xa bebonke, babekhahlela kuye bengcangcazela besoyika. Athanda ukumbulala wayembulala, amsindise athanda ukumsindisa. Wayemnyusela athanda ukumphakamisa, aze amkhiqe athanda ukumthoba.

© 1996 Bible Society of South Africa.

[20]Kodwa ke wathi akuthiwa lwale likratshi, yaqaqadeka intliziyo yakhe kukuzidla, suka wakhiqwa wahlukana nesihlalo sakhe sobukhosi, bahluthwa nobungangamsha bakhe.

[21]Ewe kaloku, wagxothwa eluntwini, watsho wabulwanyanarha. Wahamba waya kuhlala neembongolo zasendle, watya ingca njengeenkomo, elalelwa ngumbethe wezulu. Wada ke wavuma ukuba nguThixo uPhezukonke ozilawulayo izirhulumente zabantu, ikwanguye omisela kuzo loo mntu athanda ukummisela.

[22]“Kambe ke wena, Bhelshazare, nyana wakhe, uthe uyazi yonke le ngcombolo akwazithoba.

[23]Ndaweni yaloo nto usuke wayidela iNkosi yezulu. Uthe makulandwe izitya zendlu yayo, waza ngokunjalo wasela iwayini ngazo, wena nezikhulu zakho, abafazi bakho, namaqadi akho, waza wabadumisa oothixo abenziwe ngegolide, abesiliva, abobhedu, abentsimbi, abomthi, nabelitye; nangona bengaboni, bengeva, futhi bengaqiqi nokuqiqa. Kuyo yonke le nto uThixo okusesandleni sakhe ukuphefumla kwakho nolawula yonke imeko yobomi bakho, zange umhlonele.

[24]Eso ke sisizathu esibangele ukuba uThixo athumele eso sandla sibhale lo mbhalo.

[25]“Nantsi ke into ebibhaliwe: ‘Inani, inani; ubunzima; ukwahlula-hlula.’

[26]Nantsi ke intsingiselo yala magama: ‘Inani’: uThixo ulibalile inani lemihla yolawulo lwakho, yaye ke uyinqamle.

[27]‘Ubunzima’: wena ubekwe esikalini, baza ubunzima bakho bafumaneka bunganeno.

[28]‘Ukwahlula-hlula’: urhulumente wakho wahlula-hlulwe wanikwa amaMedi namaPeshiya.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

29Ngoko nangoko ke ukumkani uBhelshazare wayalela ukuba uDaniyeli anxitywe umnweba omsobo, athiwe gatya umxokelelwana wegolide entanyeni. Waza ke wammisela wangowesithathu kubalawuli bobukumkani.

30Kanye ngobo busuku uBhelshazare ukumkani wamaKaledi lowo wabulawa,

31waza ke umbuso wathathwa nguDariyo umMedi owayemashumi mathandathu anambini eminyaka ubudala.

UDaniyeli 6

UDaniyeli emngxunyeni weengonyama

1Ke kaloku kwakholeka kuDariyo ukumisela iirhuluneli ezilikhulu elinamashumi amabini, ukuze zongamele kwiindawo ngeendawo zombuso lowo.

2Phezu kwazo ke watyumba abongameli abathathu, waza ke uDaniyeli wangomnye wabo. Abongameli aba ke babesenzelwa ingxelo zezi rhuluneli, khon' ukuze ukumkani angalahlekelwa.

3UDaniyeli ke wazibalula koogxa bakhe ababini kunye neerhuluneli ngesimo sakhe esihle, kangangokuba ukumkani wazimisela ukumnyusela ukuba ongamele bonke ubukumkani.

4Oogxa bakhe abongameli kunye neerhuluneli bazama ukufumana isizathu sokumbeka ibala uDaniyeli mayela nomsebenzi wakhe wokulawula. Kambe ke zange baphumelele, kuba wayenyanisekile, engumfo okhutheleyo ongenabuqhetseba.

5Athethana ke ngoku la madoda athi: “Hayi, bafondini, soze sizuze mhlaba wakummangalela lo Daniyeli ngaphandle kokuba kube malunga nokumthobela kwakhe uThixo wakhe.”

6Ngoko ke aba bongameli bekunye neerhuluneli bahlangana, baya kukumkani uDariyo, bafika bathi: “Bayethe, mhlekazi! Phil' ud' ukhokhobe!

7Xa sisonke thina bongameli, nezikhulu, neerhuluneli, namaphakathi, nabaphathiswa, sivumelene ukuba sikucele, mhlekazi, ukuba uwise umthetho

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

onyanzelisayo ukuba kwithuba leentsuku ezingamashumi amathathu kungabikho mntu uthandaza nawuphi na uthixo okanye umntu ngaphandle kokuba athandaze kuwe, mhlekazi. Lowo waphule lo mthetho makaphoswe emngxunyeni weengonyama.

8Ngoko ke, mhlekazi, wisa lo mthetho, uwubhale ube ngumthetho ongenakujikwa wamaMedi namaPeshiya."

9Ngoko ke ukumkani uDariyo wawubhala loo mthetho.

10Nakuba ke uDaniyeli wayeve ukuba lo mthetho ubhaliwe wapapashwa, usuke wagoduka, wafika wangena kwigumbi lendlu yakhe eliphezulu elalineefestile ezikhangele eJerusalem, waza ke waguqa ngamadolo wathandaza ebulela kuThixo wakhe kathathu ngemini njengoko wayeqhele ukwenjenjalo.

11Ke kaloku laa madoda ahlangana ambhaqa uDaniyeli ethandaza etarhuzisa kuThixo wakhe.

12Ngoko ke aya kukumkani, afika athetha naye malunga nomthetho awenzileyo, athi: "Kanene, mhlekazi, ubungapapashanga umthetho na othi kwiintsuku ezimashumi mathathu makungabikho mntu uthandaza nawuphi na uthixo okanye umntu ngaphandle kwakho, usithi othe wayenza loo nto uya kuphoswa emngxunyeni weengonyama?" Ukumkani ke waphendula wathi: "Ewe, kunjalo, ndikwenzile oko, yaye lowo ngumthetho ongenakutshitshiswa wamaMedi namaPeshiya."

13Aza athi ke la madoda kukumkani: "UDaniyeli ongomnye wabathinjwa bakwaJuda akakuhoyanga, mhlekazi, akawuthobeli nalo mthetho uwuwisileyo. Usaphikele ukuthandaza kathathu ngemini."

14Akukuva oku ukumkani watsho wadideka mpela, waza wenza unako-nako wokucinga icebo lokuhlangula uDaniyeli. Ewe, kwaba yiloo nto lada latshona ilanga.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15Aphinda ke la madoda eza egxalathelana kukumkani, athi: “Khumbula kaloku, mhlekazi, ukuba ngokwemithetho yamaMedi namaPeshiya umthetho nommiselo owenziwa ngukumkani awunakuguqulwa.”

16Ngoko ke ukumkani wayalela ukuba alandwe uDaniyeli; waza ke waphoswa apho kuloo mngxuma weengonyama. Wathetha naye ke wathi: “Akwaba angakuhlangula uThixo wakho omnqula ngentembeko maxa onke.”

17Ke kaloku umngxuma lowo wavalwa ngelitye, waza ukumkani walitywina ngomsesane wakhe nangaleyo yezikhulu zakhe, khon' ukuze imeko kaDaniyeli ingabi nakuguqulwa.

18Emva koko ke ukumkani wagoduka waya ebhotwe, wachitha ubusuku engadli, engenalo nethuba lokuzonwabisa, koko wasuka waphuthelwa ubusuku bonke.

19Ke kaloku ukumkani wavuka xa kuthi chapha ukusa, wakhawuleza waya kulaa mngxuma weengonyama.

20Akusondela kuwo ke wakhwaza engxunguphele, wathi: “Daniyeli! Daniyeli! Sicaka soThixo ophilayo! Ube nako na ukukuhlangula kwezo ngonyama uThixo wakho omnqula ngentembeko maxa onke?”

21Waphendula ke uDaniyeli wathi: “Phil' ud' ukhokhobe, kumkani!

22UThixo wam uthumele isithunywa sakhe, sayivala imilomo yeengonyama, azandenzakalisa. Ewe, azindenzakalisanga kuba ndifumaniseke ndimsulwa phambi kwakhe, kwanjengokuba ndingazange ndakona nganto nawe, mhlekazi!”

23Wavuya gqitha ke ukumkani, waza wayalela ukuba uDaniyeli akhutshwe apho emngxunyeni. Akukhutshwa ke wafumaniseka engenawo nomkrwelo lo, kuba kaloku yena wayekholose ngoThixo wakhe.

24Ukumkani ke wayalela ukuba abanjwe loo madoda ayemangalele uDaniyeli. Wathi makathathwe neentsapho zawo, abafazi nabantwana, baza ke bebonke

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

baphoswa apho emngxunyeni weengonyama. Bathi ke, bengekafiki nasezantsi, zabaganga iingonyama, zawanqwamza amathambo abo.

25Ngoko ke ukumkani uDariyo wabhalela zonke izizwe, iintlanga, nabantu beelwimi ngeelwimi ehlabathini jikelele, wathi: “Ngamana kunganda ngokugqithisileyo ukonwaba kuni nonke!

26Ndigunyazisa kulo lonke kulo mbuso wam ukuba wonke umntu makamoyike amhlonele amthobele uThixo kaDaniyeli. “Kuba yena nguThixo ophilayo, uThixo okhoyo ngonaphakade. Umbuso wakhe soze utshatyalaliswe; ulawulo lwakhe alunasiphelo.

27Yena kaloku uyahlangula, yaye esindisa. Ungumenzi wemiqondiso kwanemimangaliso emazulwini kanti nalapha emhlabeni. Nguye lo umhlanguleyo uDaniyeli, wamsindisa emandleni eengonyama.”

28Ke kaloku uDaniyeli lo waba nempumelelo ngemihla yolawulo lukaDariyo, ngokunjalo nakwimihla yokulawula kukaKoreshiumPeshiya.

UDaniyeli 7

UDaniyeli uphupha amarhamncwa amane

1Ngonyaka wokuqala engukumkani eBhabheli uBhelshazare uDaniyeli waphupha iphupha wafikelwa ngumbono engqondweni yakhe elele emandlalweni. Walibhala iphupha, esalatha ingcombolo yalo,

2wathi: “Embonweni wam ebusuku ndabona kubhudla imimoya, ivela macala omane, yaza ke yaluduba nolwandlekazi.

3Suka ke kwathi gqi qhaphu amarhamncwa amane amakhulu, ephuma elwandle, elo nelo lahlukile kwelinye.

4“Elokuqala lalifana nengonyama, koko linamaphiko njengokhozi. Ndithe ndisabukele suka amaphiko lawo ancothuka. Laza ke elo rhamncwa laphakanyiswa emhlabeni, lamiswa ngeenyawo ngokomntu. Kananjalo lasuka lanengqondo yomntu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5“Kwakhona kwathi gqi irhamncwa lesibini linjengebhere, limi liziphakamisile ngelinye icala. Emlonyeni laliphethe iimbambo ezintathu ngamazinyo alo. Kwathiwa kulo: ‘Phakama, utye inyama kangangoko!’

6“Emva koko, ndisabukele njalo, kwathi gqi elinye elalifana nengwe. Kambe ke lalinamaphiko amane angathi ngawentaka, kananjalo lineentloko ezine. Lanikwa amagunya okulawula.

7“Kwakhona ke kumbono wam wasebusuku ndakhangela, kwee gqi elesine irhamncwa. Lalisoyikeka, lirhwaqelisa, liyingwanyalala. Lalitsho ngeengxavula zamazinyo entsimbi. Amaxhoba alo laliwakroboza liwathi nqwam-nqwam ngaloo mazinyo, amasalela liwanyhashe ngeenyawo. Lalingafani namanye la, yaye lalineempondo ezilishumi.

8Ndisazijongile ezi mpondo kwathi thaphu olunye uphondo oluncinci apho phakathi kwezinye, zatsho zancothuka ezintathu kwezo mpondo zazikho kakade. Olu phondwana ke lwalunamehlo njengomntu, kananjalo lunomlomo luthetha izinto ezinkulu kakhulu.”

INyange elimihla ingapheliyo kunye nonyana womntu

9“Ndithe ndisabukele njalo suka kwee rhwelele izihlalo, laza ke neNyange elimihla ingapheliyo lathatha isihlalo salo. Izambatho zalo zazimhlophe ngokwekhephu; ke zona iinwele zalo zazinjengoboya obucikizekileyo begusha. Isihlalo salo sasingamadangatye ngumlilo, simi ngamavili angumlilo ovuthayo.

10Kwakumpompoza umlambo ongumlilo, unkcenkceza uphuma apho kuso. Ewe, iNyange eli laliphahlwe ngamawaka-waka, kuzizigidi ngezigidi zimi phambi kwalo. Yaqalisa ke inkundla, zaza zavulwa iincwadi.

11“Ndasoloko ndibukele, kuba kaloku olo phondwana lwaluthetha izinto ezinkulu kakhulu. Ndisabukele njalo ke elo rhamncwa labulawa, isidumbu salo satshiswa ngomlilo.

12Ke wona amanye amarhamncwa ahluthwa amagunya, noko ke olulelwa ukuphila okwethutyana elimisiweyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

13Ndisabukele njalo kuwo loo mbono wasebusuku ndabona kusiza ofana nonyana womntu, esiza ephahlwe ngamafu. Ke kaloku waya kufika kwelo Nyange elimihla ingapheliyo, wasondezwa phambi kwalo.

14Waza ke wathiwa jize ngamagunya, amawonga, nobukumkani, zaza zonke izizwe, iintlanga, nabantu beelwimi ngeelwimi, zamkhonza. Ubukhosi bakhe ke babungunaphakade bungenasiphelo, nombuso wakhe ungenakudaka."

Ukuchazwa kwemibono

15"Mna Daniyeli ndakhathazeka emoyeni, waza lo mbono ofikele engqondweni yam wanditsho ndanxunguphala.

16Ndasuka ke ndaya komnye wababemi apho, ndamcela ukuba andichazele inyaniso yayo yonke le ngcombolo. Ke yena wandityhilela intsingiselo yazo zonke ezi zinto, wathi:

17'La marhamncwa axela imibuso emine eya kuvela emhlabeni.

18Abantu abangcwele bakaPhezukonke ke bona baya kuzuza ulawulo, lube lolwabo kude kube ngunaphakade kanaphakade.'

19"Kananjalo ke ndafuna ukuqonda ngeli rhamncwa lesine, elo lalingafani namanye – laa ngwanyalala yoyikekayo, le yayitsho ngamazinyo entsimbi neenzipho zobhedu, eyayiwakroboza iwathi nqwam-nqwam amaxhoba, isuke iwanyhashe ngeenyawo amasalela.

20Ndafuna nokuqonda mayela nezo mpondo zilishumi zazisentlokweni yalo, ngokunjalo nangolo phondo lwaphuma kamva, kwaza kwancothuka iimpondo ezintathu. Nditsho uphondo olwabonakala lulukhulu kunamanye, lunamehlo nomlomo, luthetha izinto ezinkulu kakhulu.

21Ke kaloku, ndisabukele njalo, olo phondo lwabahlasela abantu abangcwele bakaThixo laboyisa,

22kwada kwafika iNyange elimihla ingapheliyo, laza labagwebela abo bangabantu abangcwele bakaPhezukonke. Kananjalo ke lasuka lathwasa ixesha lokuba ulawulo lube lolwabantu bakaThixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

23“Waqhuba ke endichazela esithi: ‘Eli rhamncwa lesine ngumbuso wesine
oya kubakho apha emhlabeni. Wona awuyi kufana neminye. Wona uya
kulinqwamza ihlabathi liphela, ulinyhashe, ulikroboze.

24Ezo mpondo zilishumi ke zithetha ookumkani abalishumi abaya kuvela
kuloo mbuso.Kananjalo emva kwabo kuya kuvela omnye ukumkani
owahlukileyo kwabo bamanduleleyo. Ke yena uya kuboyisa ookumkani
abathathu.

25Uya kuthetha amazwi achasene noPhezukonke, abatshutshise abantu
abangcwele bakaPhezukonke. Uya kuzimisela ukuyijika imithetho yabo,
ngokunjalo namaxesha amatheko abo. Abantu abangcwele bakaPhezukonke
ke baya kunikelwa esandleni sakhe ithuba elimisiweyo elingamaxesha
amathathu anesiqingatha.

26“ ‘Kambe ke inkundla yaphezulu iya kuhlangana, imhluthe ulawulo lwakhe,
lutshitshiswe, luphele ngonaphakade.

27Ke kaloku ubukhosi namagunya nobuhandiba bazo zonke izikumkani
zehlabathi buya kunikezelwa kubantu abangcwele abalusapho
lukaPhezukonke. Ke kaloku ulawulo lwaloo mbuso aluyi kuba nasiphelo, zaye
ke zonke izikumkani zehlabathi ziya kuwuthobela ziwululamele.’

28“Iphela apha ke le ngcombolo. Mna Daniyeli ndothuke gqitha ndakucinga
ngezi zinto, bada nobuso bam bathi rhubaxa. Kambe ke yonke le nyewe
ndayigcina entliziyweni yam, ndayetyisa.”

UDaniyeli 8

Inkunzi yegusha neyebhokhwe

1Ke kaloku xa ukumkani eBhelshazare wayekunyaka wesithathu elawula,
ndaphinda mna Daniyeli ndanomnye umbono emva kwalaa mbono wokuqala.

2Kulo mbono ke ndazifumana ndikwisixeko esinqatyisiweyo iShushan,
esithilini sase-Elam. Ndabona ndimi phezu komlambo iUlayi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

3Apho ke phezu kwaloo mlambo ndabona nantso inkunzi yegusha
eneempondo ezimbini ezinde kunene. Olunye lwazo ke lwalulude kunolunye,
kodwa lona lwaluphume mva.

4Le nkunzi ke ndayibona ilekuza ngezo mpondo, ibhekisa ngasentshona,
ngasentla, nangasezantsi. Ewe, kwakungekho silwanyana sinako ukumelana
nayo, kungekho ndlela yakusinda kuyo. Yayisenza unothanda, isiba nkulu
ngokuba nkulu.

5Ke kaloku ndathi ndisacamanga ngalo mbono, suka kwathi gqi inkunzi
yebhokhwe entshonalanga, icanda lonke elimiweyo, iqakatha ngokungathi
amanqina akafiki emhlabeni. Yayinogqajolo lophondo, lulapha phakathi
kwamehlo.

6Yasinga kulaa nkunzi yegusha ineempondo ezimbini ndandiyibone imi
phezu komlambo, yangqala kuyo ngamandla inoburhalarhume.

7Hayi ke, yayihlasela inomsindo, iyingquba kangangokuba yazaphula ezo
mpondo zenkunzi yegusha zombini. Inkunzi yegusha yayingenawo amandla
okumelana nayo. Yakhahlelwa phantsi inkunzi yegusha leyo, yanyhashwa
ngamanqina, kungekho bani unokuyihlangula emandleni enkunzi
yebhokhwe.

8Le nkunzi yebhokhwe yakhula yaba nkulu ngokugqithisileyo. Ke, xa
yayisencotsheni yamandla ayo, suka lwantlekeka lwaphuka shwaqa olo
gqajolo lophondo lwayo. Endaweni yalo ke kwaphuma ezinye iimpondo
ezingayiwayo zane, zikhangele kwiimbombo zone zehlabathi.

9Kolunye lwezi mpondo kwantshula olunye uphondo olwaqala luluncinane,
lwaza lwakhula lwabhekisa ngasezantsi nangasempuma nangakwilizwe
eliliqhayiya.

10Lwakhula ke lwafikelela nakumkhosi wezulu, lwayikhahlela phantsi
emhlabeni inxalenye yeenkwenkwezi layinyhasha.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11Ewe, lwada lwafunza kuyo neNjengele yomkhosi wezulu, latsho lawaphelisa namadini atshiswayo enzelwa yona imihla ngemihla. Ewe kaloku, lada laxabhela nendawo eyingcwele yayo.

12Ngenxa yovukelo yolu phondo umkhosi wezulu wanikezelwa kulo, xeshikweni amadini atshiswayo emihla ngemihla lwawaphelisayo, luluphosa phantsi unqulo lokwenene. Ewe, lwaba nempumelelo kuyo yonke into oluyenzayo.

13Ke kaloku ndeva izithunywa zezulu zithetha, esinye sibuza sisithi: “Yoba lixesha elingakanani na ukuze ezi zinto zikulo mbono zizaliseke? Nditsho lo mbono malunga nokupheliswa kwamadini atshiswayo emihla ngemihla, novukelo oluphanzisayo, nokuxovulwa ngeenyawo komkhosi wezulu nendawo eyingcwele.”

14Sathi kum: “Koba kukuhlwa nokusa okungamawaka amabini anamashumi amathathu ukuze indawo eyingcwele ihlanjululwe ibuyele kundalashe.”

UGabriyeli uchaza umbono

15Ke kaloku mna Daniyeli ndathi ndisacamanga ngalo mbono, ndifuna ukuqonda intsingiselo yawo, suka ndabona into embonakalo ngathi yindoda imi apho phambi kwam.

16Kananjalo ndeva ilizwi lomntu likhwaza apho emlanjeni iUlayi lisithi: “Gabriyeli, mxelele lo mntu intsingiselo yaloo mbono.”

17Ngenene ke uGabriyeli weza kweli cala ndimi kulo, kwathi esiza njalo mna ndasuka ndawa ndacambalala emhlabeni ndisoyika. Ke yena wabhekisa kum wathi: “Mntundini, yazi ukuba lo mbono ubhekiselele kwixesha lesiphelo.”

18Ngelo xesha athethayo ke mna ndandilele tywaa zisemkile! Ngoko ke yena wandibamba wandichukumisa ndema ngeenyawo,

19wathi: “Ndikubonisa izinto eziya kwenzeka ngomhla wokugqibela wengqumbo kaThixo. Kaloku lo mbono ubhekiselele kwixesha elimisiweyo lesiphelo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

20“Laa nkunzi yegusha uyibonileyo impondo-mbini imele ookumkani
bamaMedi nabamaPeshiya.

21Yona inkunzi yebhokhwe exhonti imele ookumkani bamaGrike. Olwaa
gqajolo lophondo luphakathi kwamehlo ngukumkani wokuqala wawo.

22Eziya mpondo zine ziphumileyo lwakuba lwaphukile oluya lokuqala, zimele
imibuso emine eya kuphuma kulawulo lokumkani wokuqala. Yona ke iya
kuba nganeno kwalo wokuqala ngokomelela.

23“Uyabona ke, kuya kuthi xa ulawulo lwaloo mbuso lusiya esiphelweni, xa
uvukelo selufikele encotsheni, kuvele ukumkani obuso bungwanyalala,
oyincutshe yamaqhinga.

24Uya kukhula omelele, kodwa engakwenzi oko ngawakhe amandla. Uya
kwenza intshabalalo engathethekiyo; konke akwenzayo kophumelela.
Kwanâbo bomeleleyo uya kubatshabalalisa, nditsho kwanabantu abangcwele
abalusapho lukaThixo.

25Uya kuphumelela ngamaqhinga, amandla akhe abe bubuqhetseba. Uya
kuba ngumfo ozingcayo, abatshabalalise abantu abaninzi bengakulindelanga
oko. Uya kuvukela nditsho neTshawe lamatshawe; kambe ke uya
kutshatyalaliswa, phofu kungengasandla samntu.

26Ke kaloku lo mbono malunga nokuhlwa nokusa, lo uwutyhilelweyo,
uyinyani. Kambe ke wena uze ungawudizi; uthetha ngemihla esekude ezayo.”

27Ke mna Daniyeli ndatsho ndaphelelwa ngamandla, ndaba neentsukwana
ndigula. Phofu ke ndabuya ndaphakama ndaya kumsebenzi wam
endandiwuphathiswe ngukumkani. Kambe ke ndahlala ndikhwankqisiwe
ngulo mbono kungekho bani unokuwuqonda.

UDaniyeli 9

UDaniyeli uthandazela amawabo

© 1996 Bible Society of South Africa.

1Ke kaloku kwakungunyaka wokuqala wokulawula kukaDariyo unyana ka-
Asuwerosi. WayengumMedi ngokomnombo, kodwa waba ngukumkani
wamaKaledi.

2Ke ngalo nyaka wakhe wokuqala elawula mna Daniyeli ndandicamngca
ngale ndawo kwizibhalo ezingcwele ngokomlomo kaNdikhoyo kumshumayeli
uJeremiya ethetha ngeminyaka emashumi asixhenxe ekufuneka iJerusalem
ihlale iphanzisiwe.

3Ndabhekisa kwiNkosi uThixo, ndazibika kuyo ngomthandazo, ndizila
ukutya, ndinxiba ezirhwexayo, ndizigalela ngothuthu entloko.

4Ndathandaza kuNdikhoyo uThixo wam, ndisenza isivumo, ndathi: “Aa,
Mhlekazi! Thixo omkhulu owoyikekayo, mgcini womnqophiso wakho, wena
menzi wezibele kwabo bakuthandayo, abo bayithobelayo imiyalelo yakho,

5sonile senza ubugwenxa nobubi! Sikuvukele sayityeshela imiyalelo
nemithetho owasinika yona.

6Asiziphulaphulanga izicaka zakho abashumayeli ababethetha egameni lakho
belumkisa izikumkani zethu, iziphathamandla, oobawo, nabantu bonke
bakowethu.

7“Ke wena, Mhlekazi, ulilungisa, ukanti ke thina sigutyungelwe lihlazo
njengoko kunjalo nanamhla. Xa sisonke thina sinjalo, thina bemi
belakwaJuda, naseJerusalem, namaSirayeli onke owawasarhaza ezizweni,
kwezikude nakwezikufuphi, ngenxa yokungathembeki kwawo.

8Ewe, Ndikhoyo, sihlelwe lihlazo; ookumkani bethu neziphathamandla,
ndawonye noobawo-mkhulu, xa sisonke sonile kuwe.

9Kambe ke, wena Mhlekazi, Thixo wethu, nangona sakuvukelayo, uhlala
unemfesane uxolela.

10Wena Ndikhoyo, Thixo wethu, asikuphulaphulanga, asihambanga
ngokwemiyalelo yakho owasinika yona ngezicaka zakho abashumayeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11USirayeli ephela uyigqithile imithetho yakho, waphambuka akavuma
ukulithobela izwi lakho. “Ngenxa yokona kwethu ke uNdikhoyo uzithulule
phezu kwethu zonke iziqalekiso ngokwesifungo sakhe esibhaliweyo
emthethweni kaMosis isicaka sakhe.

12Ngale ntlekele ingaka uwafezekisile amazwi awasilumkisa ngawo thina
neenkokheli zethu. Ehlabathini jikelele iJerusalem uyohlwaye ngqongqo
ngendlela engazange yabakho.

13Ewe, ubuthululele phezu kwethu bonke ububi obukhankanyiweyo
emthethweni kaMosis. Kambe nangoku asikayelelisi ekumkholiseni
uNdikhoyo uThixo wethu ngokujika kubugwenxa bethu; asikayinyamekeli
inyaniso yakhe.

14Ke uNdikhoyo wayehleli ethe qwa, waza wasihlisela le ntlekele, kuba yena
Ndikhoyo uThixo wethu ulilungisa kuko konke akwenzayo, sabe ke thina
singaliphulaphulanga ilizwi lakhe.

15“Mhlekazi, Thixo wethu, wena othe ngesandla sakho esinamandla
wabakhulula abantu bakho kwelaseJiputa, latsho laduma igama lakho
njengoko kunjalo unanamhlanje, ewe, sonile senza okugwenxa.

16Mhlekazi, ngokwemisebenzi yakho yonke yobulungisa, mawukhe uthothe
umsindo wakho nengqumbo yakho kwisicaka sakho iJerusalem, nditsho
kwintaba yakho eyodwa. Ngenxa yezono zethu nobugwenxa boobawo
iJerusalem nabantu bakho balihlazo kubo bonke abasingqongileyo.

17Ngoko ke, Thixo wethu, kuve ukuzibika nokutarhuzisa komkhonzi wakho.
Yikhangele ngobubele indlu yakho elibhodlo, kuba kaloku nguwe oyiNkosi.

18Khawubek' iindlebe uphulaphule, Thixo wam! Khawuvule amehlo ukubone
ukuphanza kwesixeko esibizwa ngegama lakho. Akungenxa yemisebenzi
yethu yobulungisa le nto sikubongozayo, kodwa kungenxa yenceba yakho
enkulu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Ndimamele, Mhlekazi, usixolele, usive, wenze! Ewe, Mhlekazi, ngenxa yegama lakho uze ungalibazisi, kuba kaloku esi sixeko sakho naba bantu bakho babizwa ngegama lakho.”

UGabriyeli uza nempendulo

20Ndathi ndisathetha, ndithandaza, ndivuma isono sam nesono sabantu bakowethu amaSirayeli, ndizibika kuNdikhoyo uThixo wam ngenxa yentaba yakhe eyodwa,

21ewe, ndisathandaza njalo, gqi uGabriyeli,indoda ebendikhe ndayibona kumbono wam wangaphambili, endanda esondela kum ngexesha lokwenziwa kwamadini atshiswayo angokuhlwa.

22Wathetha nam ke endikhanyisela, wathi: “Daniyeli, ndilapha nje ndize kukuvula ingqiqo ukuze ube nokuqonda.

23Uthe usaqala nje ukuzibika kuThixo waba yena selenesigqibo. Ngoko ke ndize kukuchazela isigqibo eso. Kaloku ukuxabisile. Mandikuchazele esi sigqibo ke, uwuqonde lo mbono.

24“UThixo umisele abantu bakowenu ndawonye nesixeko sakowenu esingcwele ‘iiveki’ ezingamashumi asixhenxe zokuba lufikele esiphelweni uvukelo, ngokunjalo nesono sicinywe, bucanyagushelwe ubugwenxa, kuphuhliswe ubulungisa obungasoze bube nesiphelo, kuzalisekiswe umbono nodaba lomshumayeli, nengcwele kangcwele ithanjiswe.

25“Qwalasela uqaphele ke: ukusuka kwixesha lokubhengezwa kwesigqibo sokuvuswa nokwakhiwa ngokutsha kweJerusalem ukuya kwixesha lokufika koMthanjiswa oyiNkosi yoba ‘ziiveki’ ezisixhenxe ekongezwe kuzo ‘iiveki’ ezingamashumi amathandathu anesibini. IJerusalem iya kwakhiwa ngelo xesha igqibelele, ibe nezitalato, ikhuselwe ngentendelezo yomhadi, ime njalo ‘iiveki’ ezingamashumi amathandathu anesibini.

26Ekupheleni kwelo xesha ke uMthanjiswa uya kunqanyulwa, kungabikho bani ungakuye. Isixeko ndawonye nendlu kaThixo ziya kutshatyalaliswa ngumkhosi wenjengele efikayo. Isiphelo ke siya kugaleleka ngathi

© 1996 Bible Society of South Africa.

sisikhukula, imfazwe iqhubele phambili iphelekwa ziinkxwaleko ezimiselweyo.

27Loo njengele iya kwenza umnqophiso ongenakwaphulwa, iwenze nabaninzi, kuhlale kunjalo ke ‘iveki’ ibe nye. Ekupheleni kwesiqingatha saloo ‘veki’ ke iya kuwaphelisa amadini atshiswayo neminikelo. Ke isikizi eliphanzisayoliya kubekwa encochoyini yendlu kaThixo, ade ke umphanzisi lowo afikelwe seso siphelo asimiselweyo.”

UDaniyeli 10

UDaniyeli utyhilelwa iziganeko zexesha elizayo

1Kunyaka wesithathu uSirasi engukumkani wasePeshiya uDaniyeli okwabizwa ngokuba nguBhelteshazare watyhilelwa udaba oluthile. Olo daba luyinyani, kodwa kunzima ukululandela. Kambe ke waluchazelwa ngombono.

2Ngelo thuba ke mna Daniyeli ndazila iiveki zada zantathu.

3Ndandingatyi kutya kodidi, nditsho nenyama nawayini zange ndizifake emlonyeni wam, yaye zange ndithambise nokuthambisa kwada kwadlula ezo veki zintathu.

4Ke kaloku ngosuku lwamashumi amabini anesine kwinyanga yokuqala yonyaka ndandimi phezu komlambo omkhulu iHidekele.

5Ndathi ndakukhangela ndabona indoda enxibe iimpahla zelinen, ibhinqe ngebhanti yegolide ecwengileyo.

6Umzimba wayo wawubengezela okwelitye elinqabileyo, ubuso bayo bunjengombane, ke amehlo wona enjengezibane ezivuthayo. Iingalo zayo nemilenze zazimenyezela ngathi lubhedu olukhazimlisiweyo, ilizwi lona livakala ngathi yingxokolo yabantu abaninzi.

7Lo mbono ke wabonwa ndim ndodwa mna Daniyeli. Amadoda endandikunye nawo wona zange awubone, koko asuka arhwaqela, aphakuzela, aya kuzimela.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Ke mna ndasala ndodwa ndiwubukele loo mbonokazi. Ndasuka ndavikiveka,
nobuso bam bambatsha, ndaphelelwa tu ngamandla.

9Ndayiva ke ithetha, ndathi ndisaphulaphule njalo ndalala obunzulu
ubuthongo, ubuso bam bujongise emhlabeni.

10Ndeva ndichukunyiswa sisandla, sandimisa ngamadolo kunye neentende
zezandla zam ndigevezela.

11Loo ndoda ke yathi kum: “Daniyeli, ungumfo oxabiseke kunene. Kambe ke
phakama, ume kuloo ndawo ukuyo, uwagqale la mazwi ndiza kukuxelela
wona, kuba ndithunywe kuwe.” Yakutsho ke ndaphakama, kodwa
ndisangcangcazela.

12Yaqhuba ke yathi: “Sukoyika, Daniyeli. Kaloku uThixo wawuva kwamhla-
mnene umthandazo wakho ngalaa mhla waqala ukuzithoba, ufuna ingcaciso.
Ndilapha nje kungenxa yaloo mazwi akho.

13Kambe ke isithunywa sombuso wasePeshiya sachasana nam iintsuku
ezimashumi mabini ananye. Ndide ndancedwa yingqwayi-ngqwayi
yezithunywa zikaThixo uMikayeli, weza kundikhulula apho ndandithintelwe
khona ePeshiya.

14Ngoko ke ngoku ndize kukuchazela izinto eziya kuhlela amawenu kwimihla
ezayo, kuba kaloku lo mbono unxulumene naloo mihla.”

15Ithe ke yakutsho mna ndajonga phantsi, ndisikwe umlomo.

16Ke kaloku umfo omfano ingathi yeyomntu wolula isandla, wachukumisa
imilebe yam, ndaza ndawuvula umlomo wam ndathi kuye emi phambi kwam:
“Mnumzana, lo mbono unditsho ndonganyelwa kukoyika; ndiphelelwe
ngamandla.

17Kuxa bendingubani ke mna sicaka sakho, ukuba ndide ndithethe nenkosi
yam? Sendiphelelwe nangamandla la; kunzima nokuphefumla oku.”

18Waphinda ke loo mfo ufana nomntu wandichukumisa, ndaza ndatsho
ndomelezeka.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Waqhuba wathi: “Mfondini, uxabisekile! Musa ukoyika; yomelela; ewe, yomelela ube noxolo.” Akuba etshilo ke, ndatsho ndomelela; ndaza ke ndathi kuye: “Undomelezile; thetha, nkosi yam, ndiphulaphule.”

20Waza wathi: “Uyayazi ngoku into endizise apha kuwe. Kodwa kusafuneka ndijike ndiye kulwa nesithunywa sombuso wasePeshiya. Ndakuba ndimkile kuya kuvela isithunywa sombuso wamaGrike.

21Kambe ke mandikutyhilele loo nto ibhaliweyo eNcwadini yeNyaniso. Akukho bani undixhasayo ekulweni nâbo bachasene nam ngaphandle koMikayeli isithunywa senu.

UDaniyeli 11

1Ngonyaka wokuqala wokulawula kukaDariyo umMedi ndenza isigqibo sokuba ndimxhase, ndimkhusele.”

Ukumkani wangezantsi nowangentla

2“Olu daba ndikwazisa lona luyinyaniso. Uyabona, ePeshiya kuseza abanye ookumkani abathathu. Ke yena owesine uya kubabetha bonke abanye aba ngobutyebi. Xa athe womelela ngobo butyebi bakhe uya kubaxhokonxa abanye, ukuze kuvukelwane nombuso wamaGrike.

3“Kweso sithuba ke kuya kuvela igorha lokumkani, alawule ngamagunya, esenza unothanda.

4Kuya kuthi ke, xa umbuso wakhe sowumile ngxishi, usuke uqhekeke, wahluka-hlukane kwiimbombo zone zelimiweyo. Loo mbuso wakhe uya kutshitsha mpela, endaweni yakhe kungene ookumkani abangelilo igazi lakhe, futhi benganeno kuye ngamandla.

5“Ke kaloku ukumkani wasezantsi uya kuba ngumfo owomeleleyo, kodwa enye yeenjengele zakhe iya kuthi chatha ngokomelela, nombuso wayo utshatshele.

6Ekuhambeni kweminyaka ke ukumkani wasezantsi uya kwenza imvumelwano nokumkani wasentla, amendisele nentombi yakhe

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ukuwuqinisa loo mnqophiso. Kambe oko kwalamana kwabo akuyi kuhambela ndawo, koko intombi leyo iya kuphelelwa yimpembelelo yayo, noyise angabi sakhathalelwa. Yena neempelesi zakhe, kunye nowakwakhe noyise, baya kunikezelwa ngelo xesha.

7“Emva koko ke ubukhosi buya kuthathwa sisizalwana sakowayo loo ntombi. Loo kumkani ke uya kuhlasela ukumkani wasentla, atsho phakathi enqabeni yakhe, ambethe amoyise.

8Ke kaloku uya kuthimba izithixo zabo, nemifanekiso yabo etyhidiweyo, nazo zonke izinto ezixabisekileyo ezenziwe ngesiliva nezegolide, zibe ngamaxhoba, agoduke nazo aye eJiputa. Yoba yiminyaka ethile ke esamphumlele ukumkani wasentla.

9Ukumkani wasentla ke yena uya kuxhoba aye kuhlasela ukumkani wasezantsi, kambe ke aphinde abuyele emhlabeni wakhe.

10Oonyana bakhe ke baya kuxhobela imfazwe, bahlanganise umkhosi omkhulu. Lo mkhosi uya kuvuthuza ukhukulise ngathi ziimpuphuma, ulidudule idabi lide liye enqabeni yotshaba.

11“Ukumkani wasezantsi uya kusukela phezulu ngomsindo, afunzele kukumkani wasentla, oya kuhlanganisa umkhosi omkhulu, kodwa wona uya koyiswa.

12Ukumkani wasezantsi uya kutsho azingce ke ngolo loyiso, kuba ebulele amawaka-waka amajoni; kambe ke akayi kuhlala esoyisa.

13Kaloku ukumkani wasentla uya kubuya ahlanganise umkhosi othe nyi kunowakuqala, aze emva kweminyaka abuye nelo hlokondiba lomkhosi wakhe, exhob' ef' amacala.

14“Ngelo thuba boba baninzi abamvukelayo ukumkani wasezantsi. Zoba zininzi nezakuni izibhoja ezimvukelayo ngenjongo yokuphumelelisa umbono othile; kodwa ke ziya kutshatyalaliswa.

© 1996 Bible Society of South Africa.

15Ke yena ukumkani wasentla uya kuza, afike isixeko esinqatyisiweyo asakhele udonga lokuhlasela, aze asithimbe. Amajoni asezantsi sobe abe nako ukumelana naye, noompondo-zihlanjiwe bawo boyisakale baphelelwe ngamandla,

16aze ke lowo uhlaselayo azenzele ukuthanda, kungasekho kuxhathisa. Uya kuzizinzisa kwilizwe eliliqhayiya, libe sezandleni zakhe ngokupheleleyo.

17“Ngoko ke uya kuzimisela ukuphuma nomkhosi wakhe uphelele. Ukulwaphul' iimpondo utshaba lwakhe uya kwenza imvumelwano nokumkani wasezantsi, aze azalamanise naye ngentombi ekhethiweyo. Kambe nelo icebo aliyi kuphumelela; liya kufadalala.

18Kamva ke uya kuhlasela izizwe ezigudle ulwandle, azithimbe ezininzi. Kambe ke kovela injengele ethile, iziphelise iintlondi azenzileyo, yena angabi nako ukuziphindezela.

19Kothi ke, kwakuba njalo, abuyele kwiinqaba zelakowabo. Kanti ke nalapho uya kukhubeka awe, iphel' intw' ibithethwa.

20“Ukumkani omlandelayo uya kukhupha oonothimba ngenjongo yokulondoloza ubuhandiba basebhotwe. Ngexeshana elingephi naye uya kubulawa, phofu kungengangxabano nadabi.”

Ukumkani okhohlakeleyo wangentla

21Isithunywa eso ke saqhuba sathi: “Endaweni yakhe ke kuya kungena umfo odelekileyo ongenaso isidima sobukhosi. Uya kungena kungekho mntu ulindeleyo, ubukhosi abuthathe ngobuqhopholo.

22Uya kubatshayela bonke abamchasayo, atshabalalise netshawe lomnqophiso.

23Uya kubakhohlisa abo avumelene nabo, azuze isikhundla esiphezulu, nakuba singephi isizwe sakowabo.

24Uya kuhlasela imihlaba etyebileyo, ingalindelanga, abe nempumelelo egqwesa eyooyise neyooyise-mkhulu. Ke amaxhoba nako konke akufumeneyo

© 1996 Bible Society of South Africa.

emfazweni uya kukwabela abantu bakhe. Phofu koba lixeshana nje ezimisele ediliza iinqaba.

25“Uya kuhlanganisa umkhosi omkhulu, azimisele ngamandla, ahlasele ukumkani wasezantsi. Nowasezantsi lowo ke uya kuxhobela imfazwe, amhlangabeze ngomkhosi omkhulu nowomeleleyo. Kambe ke, ngenxa yokuthiyiselwa ngamaqhinga, akayi kuba nampumelelo.

26Uya kwenzakaliswa ngawona maphakathi adla esithebeni sakhe, uze umkhosi wakhe uvuthululwe uphele, babe baninzi abafayo.

27Abo kumkani babini bohlala phantsi batye kunye, babhunge, iintliziyo zabo zityekele ebubini, bekhohlisana. Kambe ke yonke loo migudu yabo ayiyi kunceda nto, kuba selimiselwe imini yesiphelo sabo.

28Lo wasentla ke ukumkani uya kugoduka exhakazela ngamaxhoba, kodwa intliziyo yakhe ichasene nabantu abanqophisene noThixo. Uya kubahlasela, aze abuyele kwelakowabo.

29“Ke kaloku ngexesha elimisiweyo uya kuphinda ahlasele elasezantsi, koko ke zingalekelani izisulu.

30Kaloku kuya kuvela iinqanawe kwelasentshonalanga, zimxine, ade arhoxe. Ekubuyeni kwakhe ke uya kuba sisifu, abahlasele abantu abanqophisene noThixo. Uya kusuka aqhogane nâbo bakreqileyo kulo mnqophiso.

31Umkhosi wakhe uya kusuka uyixabhele inqaba eyindlu kaThixo, uwanqamle amadini emihla ngemihla, uze umisele into elisikizi eliphanzisayo.

32Ngamazwi akhe okulalisa uya kubathiyisela abo bakreqileyo kumnqophiso kaThixo; ke bona abamaziyo uThixo baya kubambelela kumnqophiso bawugcine.

33Ke zona iinkokheli zabantu ezinobulumko ziya kululeka abantu abaninzi. Kambe ke okwethutyana zoba sisisulu sekrele, umlilo, ukuthinjwa, nokuphangwa.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

34Ngexesha laloo nkxwaleko zozuza uncedo olungephi, nangona uninzi luya
kuzibandakanya nazo luhanahanisa.

35Ezinye zezo zilumko ke ziya kukhubeka, kodwa ke loo nto iya kuba
luvavanyo, khon' ukuze zihlambuluke, zingabi nasici, kude kube sisiphelo
esiya kufika ngexesha elimisiweyo.

36“Ukumkani lowo ke uya kwenza ukuthanda kwakhe. Uya kuzigwagwisa
azenze mkhulu kunabo bonke oothixo, ade alophoze intlamba elumezayo
ngoThixo woothixo. Uya kuqhuba njalo ke enempumelelo, lide lifezeke
ixesha lengqumbo, kwenzeke konke okumisiweyo.

37Soze akhathalele noothixo booyise, ngokunjalo nalowo ulangazelelwa
ngabafazi. Ewe, akayi kukhathalela namnye uthixo, kuba uya kuzenza
mkhulu kunabo.

38Nto aya kuyenza kukunqula uthixo weenqaba – thixo lowo ke wayengaziwa
nangooyise. Kodwa ke yena uya kumzukisa ngegolide, isiliva, namatye
anqabileyo, nezinye izinto ezixabisekileyo.

39Uya kuhlasela iinqaba ezomeleleyo, ekholose ngalo thixo wakhe wasemzini.
Uya kubawonga abo bamvumayo lo thixo, aze ababeke ezikhundleni
eziphezulu, abavuze ngemihlaba esisipho.

40“Xa lisondelayo ixesha lesiphelo, ukumkani wasezantsi uya kuqubisana
naye edabini, kodwa ke lo wasentla uya kuhla indulumbane kuye ngomkhosi
weenqwelo, owamahashe, noweenqanawa. Uya kuzingenela azihlasele izizwe
ezininzi, ukufika komkhosi wakhe kube ngathi kukugaleleka kwesikhukula.

41Ewe, uya kude ahlasele nelizwe eliliqhayiya, oyise nezizwe ezininzi. Ke
wona amaEdom namaMowabhi, kwakunye necandelo elikhulu lama-Amon,
aya kuphuncuka esandleni sakhe.

42Amagunya akhe aya kunabela kwizizwe ezininzi, ngokunjalo ke neJiputa
ayiyi kusinda.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

43Uya kubuthimba ubutyebi baseJiputa, oozigolide, oozisiliva, nazo zonke izinto zakhona ezixabisekileyo. AmaLibhi namaKushe nawo uya kuwaphul' iimpondo.

44Ke kaloku uya kothuswa ngamarhe avela empuma nakwelasentla, aze ke anduluke ngequbuliso efuthekile, ahambe esenza iziqwenga, abulale inkitha yabantu, etshabalalisa nje.

45Ke iintente zakhe zobukhosi uya kuzigxumeka azimise phakathi kolwandle nentaba eliqhayiya engcwele, aze ke adibane nesiphelo sakhe, kungekho namntu uya kumhlangula."

UDaniyeli 12

Ukusongwa kwamaxesha

1Isithunywa eso ke saqhuba sathi: "Ngelo thuba ke ingqwayi-ngqwayi yezithunywa uMikayeli, lo ungumalusi wamawenu, uya kuvela. Ke kaloku kuya kuthwasa ithuba leenkxwaleko, kunyembeleke ngendlela engazange yabakho ezimbalini zobukho bezizwe. Ngelo xesha ke abantu besizwe sakowenu – abo bamagama abhaliweyo encwadini – baya kusindiswa.

2Abaninzi ke kwabo sebelele kobandayo baya kuvuka; abanye babo baya kuvukela ukuxhamla ubomi obungasoze buphele, baze abanye bavukele kubomi behlazo obumanyumnyezi obungenasiphelo.

3Ke kaloku iinkokheli ezinobulumko ziya kukhanya ziqaqambe njengesibhakabhaka, baze abo bakhokelele abaninzi kwihambo elungileyo bakhazimle babengezele njengeenkwenkwezi ngonaphakade kanaphakade.

4"Kambe ke, wena Daniyeli, ezi ndaba mazibe zezakwamkhozi, uyitywine incwadi leyo kude kube sekusongweni kwamaxesha, xa abaninzi baya kunyuka besihla bezama ukufumana ulwazi oluphangaleleyo ngezi zinto."

5Ndaza ke mna Daniyeli ndakhangela, phambi kwam ndabona amanye amadoda amabini emi elunxwemeni lomlambo ngapha nangapha.

© 1996 Bible Society of South Africa.

6Enye ke yabuza kweso sithunywa sambethe ilinen, eso sasimi phezu kwamanzi omlambo, yathi: “Ngaba iya kuba lithuba elingakanani ukuze zifezekiswe ezi zinto zimangalisa kangaka?”

7Ke isithunywa eso sambethe ilinen, eso sasimi phezu kwamanzi omlambo, saphakamisela ezulwini esokunene nesasekhohlo isandla, ndasiva sifunga uThixo uSonini-nanini, sisithi: “Iya kuba lithuba elimisiweyo elingamaxesha amathathu anesiqingatha. Ekufezekeni kwexesha, xa sele bophulwe amandla abantu abangcwele, zonke ezi zinto ziya kuba sezifezekisiwe.”

8Ndayiva loo nto sasiyithetha isithunywa, kodwa andayilandela. Ngoko ke ndathi: “Kambe ke, nkosi yam, yoba yintoni isiphelo sayo yonke le nto?”

9Saphendula ke sona sathi: “Khawuyekelele, Daniyeli! Kaloku ezi ndaba zezakwamkhozi; zitywiniwe lide lifike ithuba lokusongwa kwamaxesha.

10Abantu abaninzi baya kuhlanjululwa, bacoceke, bacikizeke; ke bona abantu abakhohlakeleyo baya kuqhubela phambili ngenkohlakalo yabo.Xa bebonke abakhohlakeleyo baya kuncitheka bangaqondi; ke zona izilumko ziya kuqonda.

11“Ke kaloku ukusukela kwixesha lokunqanyulwa kwamadini emihla ngemihla nelokubekwa kwelo sikizi liphanzisayo yoba yimihla eliwaka makhulu mabini namashumi alithoba.

12Kambe ke, hayi inyhweba yalowo ulinde ngomonde de kufike isiphelo semihla eliwaka elinamakhulu amathathu mashumi mathathu nantlanu!

13“Ke wena qhubela phambili kude kube sekupheleni. Uya kuphumla; kodwa ke ekusongweni kwamaxesha ubuye uvuke, wamkele isabelo selifa lakho.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

UHosiya

UHosiya 1

Isingeniso

1Nali ilizwi likaNdikhoyo elafikela uHosiya unyana kaBheri ngexesha looUziya, uYotam, uAhazi, noHezekiya, ookumkani bakwaJuda, kunye noJerobhowam unyana kaYowashe ukumkani wakwaSirayeli.

UHosiya nosapho lwakhe

2Ekusunguleni kokuthetha kukaNdikhoyo ngomlomo kaHosiya uNdikhoyo wathi kuye: “Hamba utshate umfazi wobuhenyu oya kukuzalela abantwana bobuhenyu, kuba abantu beli lizwe nabo bahenyuzile ngokugqithisileyo bakreqa kuNdikhoyo.”

3Ngoko ke uHosiya wathatha uGomere intombi kaDibhelayim, yaza ke yamitha, yamzalela unyana.

4UNdikhoyo ke wathi kuHosiya: “Mthiye igama elinguYizereli. Kaloku sekumbovu ukuba ndiyohlwaye indlu kaYehu ngenxa yobutyadidi begazi elaphalazwa eYizereli. Ewe, ndiza kubuphelisa ubukumkani endlwini kaSirayeli.

5Ngaloo mini ke kwintili eyiYizereli ndiya kuwaphul' iimpondo umkhosi kaSirayeli.”

6UGomere waphinda wamitha, waza wazala intombi. UNdikhoyo wathi kuHosiya: “Mthiye igama elinguAkenzelwanga-nceba, kuba kaloku andiyi kuba saphinda ndiyenzele inceba indlu kaSirayeli, ndingaphindi ndiyixolele nokuyixolela.

7Kambe ke inceba yam iya kuthi rhoqo kwindlu kaJuda, ndiyihlangule ngoNdikhoyo uThixo wayo, kungengasaphetha nakrele, kungengamfazwe, kungengamahashe nabakhweli bawo.”

8Akumlumla ke uGomere uAkenzelwanga-nceba, wamitha kwakhona, wazala unyana.

© 1996 Bible Society of South Africa.

9UNdikhoyo wathi: “Mthiye igama elinguAsibantubam,kuba aningabo abantu bam, ibe nam ndingenguye owenu.”

Ukubuyiselwa kukaSirayeli

10“Kambe ke amaSirayeli oba yinyambalala efana nentlabathi elunxwemeni lolwandle engenakulinganiswa nakubalwa ngenxa yobuninzi. Kuloo ndawo ebekufudula kusithiwa kuwo: ‘Aningobantu bam,’ kothiwa: ‘Ningoonyana bakaThixo ophilayo.’

11Abantu bendlu kaJuda nâbo bendlu kaSirayeli baya kumanywa. Baya kuzimisela inkokheli ibe nye, babe ngabemi belizwe lakowabo. Ewe kaloku, yoba nkulu imini yeYizereli!

UHosiya 2

1Nize nithi kubanakwenu: ‘Bantubam,’ koodade benu nithi: ‘Nonceba.’ ”

Ukunganyaniseki kwamaSirayeli

2“Thethani nonyoko nimmangalele. Kaloku akasemfazi wam; nam ke andindoda yakhe. Yitshoni ahlukane nobuhenyu bakhe, akuyeke ukukrexeza akutsala ngamabele akhe.

3Kungenjalo ndomhluba abe ze, abe njengamhla wazalwa. Ndomenza abe njengentlango, abe matwa nelo libharhileyo, ndimbulale ngonxano.

4Andiyi kuba nanceba kubantwana bakhe; kaloku ngabantwana bobuhenyu.

5Unina usuke wahenyuza; lowo ubazeleyo wenze okuziintlondi. Kaloku yena wathi: ‘Ndiya kulandelana nezithandwa zam ezindinik' ukutya namanzi, uboya nelinen, amafutha kunye nesiselo.’

6Ndosuka ndimbiyele ngobobo; ndomakhel' udonga ndimvingcele, athinteleke kwindlela ahamba ngayo.

7Wosukelana nezithandwa zakhe, phofu angaze azifumane. Uya kuba ngafuna-funa ibe yinqaba ukuzifumana, ade asuke athi: ‘Mandibuyele kwindoda yam yokuqala; kwakubhetele ngoko kunangoku.’

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Kaloku yena akaqondi ukuba yayindim omnikayo ingqolowa newayini namafutha, ndimvava ngesiliva negolide, waza wanqula uBhali ngayo.

9Ngoko ke ndoyihlutha ingqolowa ngexesha layo, newayini ngethuba elimisiweyo; ewe, ndomhlutha uboya kunye nelinen, izinto afihla ubuze bakhe ngazo.

10Ndosuka ke mna ndilityhile ihlazo lakhe phambi kwezithandwa zakhe, angahlangulwa bani kum.

11Ndoyinqamla imibhiyozo yakhe – nditsho amatheko enyanga entsha, kananjalo nawoMhla wokuPhumla – yonke imisitho yakhe emisiweyo.

12Ndoyibharhisa imithi yediliya nekhiwane, le athi yena ukuyibiza: ‘Ngumvuzo endiwunikwe zizithandwa zam.’ Ndoyenza ibe lihlathi, idliwe ziinyamakazi zasendle.

13Ewe, ndiya kumohlwaya ngenxa yemihla awayenqula uBhali emenzela iziqhumiso, ezihombisa ngamaso nemisesane, esukelana nezithandwa zakhe, esuke wandilibala ke mna.” Lowo ke ngumlomo kaNdikhoyo.

UNdikhoyo ubuyisela abantu bakhe kuye

14“Ndosuka ke mna ndicenga-cengane naye; ndomthundezela entlango, ndithethe naye kakuhle.

15Ukususela apho ndombuyisela izidiliya zakhe, yona iNtili yeAkore ndiyenze ibe lisango lethemba. Yena uya kundamkela, azinikezele kum njengakwimihla yobutsha bakhe, mhla waphuma kwelaseJiputa.

16“Ngaloo mini wondibiza uthi: ‘Myeni wam,’ ungabi sathi: ‘Bhali wam.’ ” Utsho umlomo kaNdikhoyo.

17“Ndosusa kwa-amagama athi: ‘Bhali,’ angabi sabikho emlonyeni wakhe, angabi saphinda akhunjulwe.

18Ngaloo mini ndobenzela umnqophiso namarhamncwa asendle, kunye neentaka zezulu, nezinto ezirhubuluza emhlabeni. Isaphetha nekrele nemfazwe ndozinqamla kweli hlabathi, ukuze konke nje kube luxolo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

19Ndiya kukungeja, ndimanyane nawe ngonaphakade; ewe, ndokungeja
ngobulungisa nangokusemthethweni, ngokunyaniseka nangenceba.

20Ndokumanya nam ngentembeko, khon' ukuze undazi mna Ndikhoyo.

21“Ngaloo mini ndophendula; ndowaphendula amazulu, nawo awuphendule
umhlaba.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

22“Nawo umhlaba uya kuphendula, uvelise ingqolowa newayini namafutha,
zona eziyimpendulo kwiYizereli.

23Ndozihlwayelela yena emhlabeni, ndimenzele inceba lowo bekusakuthiwa
nguAkenzelwanga-nceba. Kwabo kuthiwa: ‘Asibantu bam,’ ndiya kuthi:
‘Ningabantu bam,’ bona bathi kum: ‘Wena unguThixo wethu.’ ”

UHosiya 3

UHosiya ubuyelana nomfazi wakhe

1 UNdikhoyo wathi kum: “Phinda umthande umfazi wakho nangona
engumkrexezikazi othandana nandoda yimbi, kuba nam ndisamthanda
uSirayeli nakubeni ngoku selethabathekile ngabanye oothixo, ethanda
amaqebengwana anerasentyisi.”

2Ngoko ke ndamhlawulela ngeshumi elinesihlanu leesiliva nangerhasi
ebunzima buziikhilogram ezilikhulu mashumi mahlanu.

3Ndathi kuye: “Uzuzigcinele mna imihla emininzi, ukuyeke ukuhenyuza oku,
ungabi ngowandoda yimbi. Nam ke ndokwenjenjalo.”

4Kuba kaloku amaSirayeli oba nethuba elide engenakumkani natshawe,
kungekho dini litshiswayo nalitye linqulwayo, engenasidanga
namilondekhaya.

5Kamva ke amaSirayeli aya kubuya amfune uNdikhoyo uThixo wawo,
nokumkani wawo uDavide. Ngemihla yokugqibela aya kuza kuNdikhoyo
ngoloyiko, efuna iintsikelelo zakhe.

UHosiya 4

UNdikhoyo umangalela uSirayeli

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Hoyina; hoyina, maSirayeli! Phulaphulani ilizwi likaNdikhoyo! Kaloku
uNdikhoyo unesikhalazo, umangalela abemi beli lizwe: “Akukho tu
ukunyaniseka nokuthembeka; akazelwe nto uThixo kweli lizwe.

2Intw' ekhoyo kukuqalekisa, ukuxoka, ukubulala, ukûba, nokukrexeza.
Kugquba ubugebenga; igazi liphalala liphalele.

3Ngenxa yoko ilizwe lingumqwebedu, nabo bonke abemi balo
bayankolonkoza, ngokunjalo oozilwanyana noozintaka; nkqu neentlanzi
elwandle phaya ziyafa.”

UNdikhoyo umangalela ababingeleli

4“Akafumani amangalelwe umntu, asuke nje atyholwe ngomnye, kodwa mna
ndiza kuwamangalela amawenu, mbingelelindini!

5Ùza kukhubeka uwe emini wena, nomshumayeli akhubeke awe kunye nawe
ebusuku; ewe, nkqu nonyoko ndomcim' igama.

6Kaloku abantu bam bayatshabalala ngenxa yokuswela ulwazi ngam. “Kaloku
uyalubukula ulwazi ngam; nawe ke ndiyakukhiqa kububingeleli bam. Wena
uwutyeshele umthetho woThixo wakho; andiyi kubakhathalela ke noonyana
bakho.

7“Okukhona baye besanda ababingeleli, kokukhona kwandayo nokundona
kwabo. Ke lona olo dumo lwabo ndolujika lube lihlazo.

8Bona batya ngezono zabantu bam; eyona nto bayifunayo kukuba
makwenziwe ubugwenxa.

9Ngoko ke mna ndobopha ngentamb' enye, ndingakhethi mntu nambingeleli,
ndibohlwaye bonke ngenxa yeendlela zabo, ndibabuyekeze ngenxa
yeentlondi zabo.

10Boba ngatya, banganeli noko; boba ngahenyuza, bangandi kodwa; kuba
bakuyekile ukumphulaphula uNdikhoyo,

11basuka bazilahlela ekuhenyuzeni.”

UNdikhoyo ukhalazela unqulo-zithixo

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

“Entsha nendala iwayini iyithimba kuthi tu ingqondo

12yabantu bam. Bade babuzise nakumfanekiso womthi; bafun' ukutyhilelwa
nayintonga yembala. Kaloku balahlekiswa ngumoya wobuhenyu; bakrexezile
bamlahla uThixo wabo.

13Benz' amadini kwiincopho zeentaba, baqhumisele ezindulini, phantsi
kwemioki, iipampiri, nemiterebhinte, apho kukho imithunzi epholileyo.
Zisuke ke iintombi zenu zihenyuze; basuke oomolokazana bakrexeze.

14“Andiyi kuzohlwaya iintombi zenu, nakuba zingenwa luhenyuzo nje,
ngokunjalo noomolokazana benu, noba bangade bakrexeza, kuba namadoda
ngokwawo ayahenyuza, enza iminikelo kunye namahenyukazi asezindlwini
zonqulo-zithixo. Awu, bantundini bangaqondiyo, anikho yintshabalalo!”

USirayeli unenkani

15“Nangona ukrexeza nje, Sirayeli, uJuda yena makangazibizeli ityala. Mus'
ukuya eGiligali, Juda, ungayi naseBhetaven, ungenzi zifungo zilambathayo,
usithi: ‘Ekho nje uNdikhoyo!’

16“Hayi, kamb' iinkani zakhe uSirayeli, nqwa nethokazi elidlokovayo! Ke
uNdikhoyo angamalusa njani okwetakane edlelweni?

17UEfrayim uthene nca nezithixo. Suka, myeke enjalo!

18Zithi zingahlutha yiwayini iinkokheli zisuke zingene ekuhenyuzeni;
ndaweni yokukhusela zikheth' ihlazo.

19UEfrayim wosuka aphephetheke nomoya, amadini akhe amzisele ihlazo.”

UHosiya 5

USirayeli uyagwetywa

1“Bekan' iindlebe nive, babingeleli! Khaniphulaphule, ndlundini kaSirayeli!
Qwalaselani niqiqe nani, makomkhulu, kuba kaloku ngoku zidla kuni. Kaloku
nibe sisirhintyelo eMizpa, suka nina nangumgibe eTabhore,

2suka nemba umhadi eShitim. Ukanti ke ndiza kunohlwaya xa ninonke.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Kaloku ndiyanazi, ndlundini kaEfrayim; ewe, Sirayeli, awufihlakalanga apha kum. Wena Efrayim, usahenyuza nangoku! Mh-mh-mh! Urhono-rhono, Sirayeli!

4“Izenzo zabo zisuke zaxaba, zayivala indlela yokubuyela kuThixo wabo. Kaloku bathiwe fithi luhenyuzo; abamkhathalele nganto uNdikhoyo!

5Ikratshi likaSirayeli liyamjikela; uSirayeli noEfrayim baza kukhubeka bawe ngenxa yobugwenxa babo, kwanoJuda atsho akhubeke awe kunye nabo.

6Baxhakazela behamba nemihlambi yabo, befuna uNdikhoyo ngamadini, kodwa soze bamfumane; kaloku yena urhoxile kubo.

7Kaloku bona bayamphamba uNdikhoyo; ewe, bade bazale nemigqakhwe. Ke amatheko abo okuthwasa kwenyanga obaqwenga kunye namasimi abo.

8“Hlokomisan' isigodlo eGibheya, nihlab' umkhosi ngexilongo eRama. Ze niwuvakalise naseBhetaven. Phakath' emsini, wena Bhenjamin!

9Yeka ke ngomhla wesohlwayo: uEfrayim yena ndomvuthulula. Nonke nina zindlu zikaSirayeli, yazini, kuba oku kuqinisekile.

10Kaloku wona amatshawe akwaJuda selefana nâbo bahlehlisa umlimandlela. Ndosuka ndibagalele ngomsindo wam, babe ngathi bafikelwe ziimpuphuma.

11Ewe, uEfrayim ubandezelekile; suka wamvikiva umgwebo, kuba yena usukelana nezithixo ezingento yanto.

12Ndoba njengenundu kumaEfrayim, ndibe njengombolisa kwaJuda.

13UEfrayim wasibona isifo sakhe, noJuda wazibona iinduma zakhe. Suka uEfrayim wabhenel' eAsiriya, wazibika apho kukumkani uYarebhi; kodwa yena nkqi ukunyanga, soze aziphozise ezo nduma.

14Ke kuEfrayim ndoba njengengonyama; ewe, ndibe lirhamncwa kwindlu kaJuda. Ndobaqwenga-qwenga ndibashiye, ndibafuduse bangahlangulwa bani;

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15ndize ke ndibuyele endaweni yam, bade basivume isono sabo, banqwenele
ukububona ubuso bam. Ewe, bondizingela bendifuna ngenxa yokuminxwa
ziimbandezelo.

UHosiya 6

Ukuqaqadeka kukaSirayeli

1“Yizani kaloku, sibuyele kuNdikhoyo. Ewe, yena usidlakazile, kodwa
usenako ukubuya asinyange. Ngenene yena usenzakalisile, ukanti ke
angabuya asibophe.

2Emva kweentsuku ezimbini wosidlisa ubomi, ngolwesithathu ke asivuse,
sitsho siphile phambi kwakhe.

3Hayi ke, masimvume uNdikhoyo; ewe, masikuxunele ukumazi. Ukubonakala
kwakhe kuqiniseke njengokuphuma kwelanga. Uya kusifikela njengemvula
yasebusika – njengeemvula zentlakohlaza ezinyakamisa umhlaba.”

4“Mandikuthini na kodwa, Efrayim? Mandenze ntoni na ngawe, Juda?
Uthando lwenu lunjengenkungu yakusasa, nqwa nombethe othi shwaka
kwangoko.

5Ngoko ke ndaninqunqa ngabashumayeli bam; ewe, ndinixhelile ngamazwi
am, isigwebo silenya njengombane phezu kwenu.

6Kaloku ndithanda inceba, andithandi minikelo. Ndinonelele ukwazi uThixo
ngaphezu kwamadini atshiswayo.

7EAdam bawaphula umnqophiso; ewe, khona basuka baqhankqalaza.

8IGiliyadi sisixeko sabenza ububi, umzila weenyawo zayo umtyibilizi ligazi.

9Njengezihange ezilalel' umntu nababingeleli sisigqubu esikwanjalo,
nasendleleni eya eShekem kulapho bagwinta khona. Ewe, benza izinto
ezimanyumnyezi.

10Kwindlu kaSirayeli ndibone into enkwantyisayo; kulapho ahenyuza khona
uEfrayim. Awu, yeka ukuxabheleka kukaSirayeli!

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11Nakuwe kambe, ndlundini kaJuda, uyeza umhla wesivuno. “Ndakuba
ndizimisele ukubabuyisela kundalashe abantu bam,

UHosiya 7

1xa ndandifuna ukumnyanga uSirayeli, suka badandalaza ubugwenxa
bukaEfrayim, batyhileka ububi beSamariya. Kaloku bahleli ngobuqhopholo.
Ngamasela aqhekezayo ebe; basisigqubu sezikrelemnqa esiphanga phandle.

2Ewe, bona abaqondi tu, kanti izenzo zabo zithe thaa kum. Ngoku
bajikelezwe zizenzo zabo; ziluzenge-zenge oluphambi kwam.

3“Inkohlakalo yabo iyamvuyisa ukumkani; inkohliso yabo iyawavuyisa
namaphakathi.

4Bakrexeza bonke bephela; batshisa njengomlilo wokubhaka oyekwayo
ungakhwezelwa ngumbhaki ukusukela ekuxovuleni kwakhe de inyuke
intlama.

5Ngomhla wetheko lokumkani suka amaphakathi ashushu yiwayini, naye
wabambana izandla nabahlekisi.

6Kaloku iintliziyo zabo zinjengeziko; ewe, zona zivutha ngamayelenqe.
Ingcwangu yabo ilala ubusuku bonke, kusasa idangazele njengomlilo.

7Bonke banobushushu oku kweziko lokubhaka, abalawuli babo babathi lenye.
Iikumkani zikhahleleka phantsi, kungekho bani ubhenela kum.

8“UEfrayim uxubana neentlanga; ewe, yena ufana nesonka
esingaguqulwanga.

9Abasemzini bawaxhaphazile amandla akhe; ke kuye kurhidiwe, akaqondi.
Kaloku yena ngoku iinwele zakhe zixubile, ibe ke phofu engaqondi.

10Ikratshi likaSirayeli liyamkhonkotha, kodwa nkqi kubo ukubuya beze
kuNdikhoyo uThixo wabo; ewe, abazidubi nangokumfuna.

11“UEfrayim ukhamisile, nqwa nehobe; yena usisimathane esingaqondiyo.
Uphatha kubhenela eJiputa, maxa wambi abalekele eAsiriya.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Ndobabekela umgibe endleleni, ndibanqakule njengeentaka. Xa ndibeva
bexhontelana ndobabambisa.

13Mawoo, ngokuba banxaxhile kum! Yintshabalalo kubo, ngokuba bemkile
bandishiya! Mna ndiyafuna ukubahlangula, koko suka baxoka ngam.

14Xa bekhala abatsho ngomxhelo wabo; basuka bazibhuqa-bhuqe
emandlalweni. Baqokelelana ngenxa yokutya newayini, kodwa mna
bandichasile.

15Ndabaqeqesha ndabomeleza, kodwa ngoku bandijikeleza ngobubi.

16Ababuyeli kuPhezukonke; bafana nesaphetha esinenkohliso. Iinkokheli zabo
zohlatyaniselwa likrele, kuba imilomo yazo iphokoza ububi. Ewe, boba
sisigculelo kwilizwe laseJiputa."

UHosiya 8

USirayeli ugxekwa ngezithixo

1"Yitsho ngomtyangampo wesigodlo! Nal' ixhalanga lirhiwula abantu
bakaNdikhoyo. Kaloku bawaphule umnqophiso wam, suka bawuvukela
umthetho wam.

2Ewe, ngoku uSirayeli uyazibika kum; uyandivuma esithi: 'Thixo wam
endimaziyo!'

3Ngokutshikilela kwakhe okulungileyo uSirayeli wathiwa mbende lutshaba.

4Bazikhethele ookumkani ngaphandle kwam, bamisa namaphakathi
ndingakwazi oko. Ngesiliva negolide yabo bazenzele izithixo; nto leyo
iyintshabalalo kubo.

5Mh-mh-mh, ndiyalenyanya ithole laseSamariya! Ingqumbo yam iyavutha
ngakubo; koda kube nini benyhuku-nyhuku?

6Tholendini lenziwe yingcibi yakwaSirayeli! Hayi, asiThixo le nto iyenzileyo.
Ngenene elo thole laseSamariya liya kuntlekeka libe ziingceba.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7“Bona bahlwayela umoya, kanti bavuna isaqhwithi. Ingqolowa ziziphunzi
ezingathwalanga; ngoko ke tu isivuno. Enoba besingade sifumaneke
bezingafikayo iintlanga zizenzele.

8USirayeli uthiwe bimbilili. Utshone phakathi kwezizwe; unjengesitya
ekungekho yaso mpela.

9Usuke wanyukela eAsiriya, wanjengeqwarha elibhadulayo; uEfrayim
uzithengisile kwizithandwa zakhe.

10Angade aziqeshise, nditsho nakwiintlanga, kodwa ndosuka ndimqokelele.
Phofu ke uya kuncipha, ingcinezelo yokumkani imthi nca.

11KwaEfrayim andisiwe amaqonga – nditsho awokungxengxezela isono.
Ngoku angamaqonga okwenza isono.

12Ndaba ngababhalela imithetho, nayo ke ingembalwa iyintaphane, suka
nayo leyo bayikhaba, bayithatha njengento yasemzini.

13Ewe, bona amadini bayandenzela; inyama yona bajika bayitye. UNdikhoyo
ke akanelisekanga ngabo, engabulibalanga nobugwenxa babo. Ewe, yena uza
kubohlwaya; baza kuphindela kwaseJiputa.

14USirayeli umlibele umenzi wakhe, suka wazakhela amabhotwe. UJuda
wazandisa izixeko ezinqatyisiweyo – zixeko ezo ndozithumela ngomlilo,
ulenye konke, nditsho nezo nqaba.”

UHosiya 9

Ukugwetywa kukaSirayeli

1Musa ukonwaba, Sirayeli; ewe, sukuvuya njengezinye izizwe. Kaloku wena
umphambile uThixo wakho; wena usuke wamfulathela. Uthe phithi yimali
yokuzithengisa kuzo zonke izanda zokubhula.

2Izanda nezixovulelo aziyi kuvelisa nto, newayini entsha yosuka
inqongophale.

3Awuzukuhlala kulo mhlaba kaNdikhoyo. Ewe, úza kuphindela eJiputa
uEfrayim; uya kutya ukutya okunomlaza eAsiriya.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Ewe, uNdikhoyo abayi kumenzela iminikelo yewayini; ayiyi kumanelisa iminikelo yabo. Kubo lo mnikelo wofana nesonka sabazili – abawutyileyo baya kuba nomlaza. Ukutya kwabo kolungela bona kuphela – akuyi kunikelwa kwindlu kaNdikhoyo.

5Hee, niya kwenza ntoni ke ngemihla yemibhiyozo emisiweyo, ngomhla wetheko likaNdikhoyo?

6Xa bangasindiyo ekutshatyalalisweni iJiputa yofika yona ibaqokelele, ke yena uMemfisi abangcwabe. Ubutyebi besiliva buya kukhulelwa lukhula, imizi yabo ibhijelwe yimithana enameva.

7Iyeza imihla yesohlwayo – nditsho imihla yembuyekezo – noSirayeli ke uza kuqonda.

Umshumayeli ngumlindi

Ngenxa yokwanda kobugwenxa benu, nobunzulu bentiyo yenu, umshumayeli nithi sisityhakala, umntu onefuthe likaMoya uphambene.

8Umshumayeli ngumlindi kaEfrayim, bantu abo bangaboThixo wam, kodwa ubekelwa izabatha, kuliwe naye endlwini yoThixo wakhe.

9Ewe, bonakele ngokungathethekiyo; kunjengaloo mihla yaseGibheya. UThixo akabulibalanga ubugwenxa babo, yaye ke uza kubohlwaya ngenxa yezono zabo.

Isono sikaSirayeli neziqhamo zaso

10Ndathi mhla ndamfumana uSirayeli kwanga ndibhaqe iidiliya entlango; mhla ndabafumana ookhokho benu yaba ngathi ndibhaqe amakhiwane, makhiwane ke alulibo. Bathe bakufika eBhali-pehore suka bazinikela kuBhali, baza bagqwaliseka njengaye kum.

11Udumo lukaEfrayim lothi shwaka, luntinge lumke njengentaka. Akukho mfazi uya kukhulelwa; ewe, akukho mfazi uya kubeleka.

12Naxa benabo abantwana abakhulayo ndobatshayela kuthi tu. Mawo-o-o! Yeka mhla ndabafulathela!

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Ndambona uEfrayim enjengeTire, emi kwisithabazi somhlaba. Kambe
abantwana bakhe baya kuzingelwa, bona boba zizisulu zokubulawa.

14Azi ndothini na kuNdikhoyo? Mandithi banike ntoni na kodwa? Izizalo
ezingaphathi nto; amabele awomileyo.

15Ngenxa yezono abazenza eGiligali mna ndatsho ndabacaphukela. Ngenxa
yezenzo zabo ezigwenxa ndiza kubagxotha endlwini yam. Ukubathanda
kwam kwaphusile; kaloku iinkokheli zabo zindivukele.

16Ngenene uEfrayim uphanzile, womile ukususela ezingcanjini; ewe,
akathwali ziqhamo. Noba angade azale ndoyibhubhisa loo nzala ayithandayo.

17UThixo wam wabalahla kwesinomhlwa; kaloku bona abamphulaphulanga.
Ngoko ke boba ziimbacu ezizweni.

UHosiya 10

USirayeli uyakhohlisa

1USirayeli wayenjengomdiliya othe xazalala, ovelisa iziqhamo ngexesha lazo.
Kanti ngokwanda kwezo ziqhamo wenjenjalo nokwandisa amaqonga.
Ngokwanda kwenkqubela yelizwe wenjenjalo ukuzihombisa neentsika zakhe.

2Intliziyo yabo iyinkohliso! Ngoku baza kuvuna leyo bayilimileyo.
UNdikhoyo wowadiliza amaqonga abo, azisiphule ezo ntsika zabo.

3Kaloku ngoku baza kuthi: “Thina asinaye ukumkani, kuba kaloku
asimhloneli uNdikhoyo. Ukuba besinaye ke, angasenzela ntoni ukumkani?”

4Ewe, bathetha amazwi alambathayo; benza izibhambathiso zelize; bangena
kwiminqophiso ephuthileyo. Suka ke ukubambana kwabo ezinkundleni
kwafana nokhula oluyityhefu oluhluma emasimini alinyiweyo.

5AbaseSamariya ke bayangcangcazela ngenxa yethole laseBhetaven. Abemi
bakhona botsho ngesijwili; nababingeleli balo baya kulililela ngenxa
yokutshitsha kwesidima salo.

6Loqweqwediselwa eAsiriya; liya kuba ngumrhumo kukumkani uYarebhi.
UEfrayim uya kuhlaziswa, uSirayeli abe neentloni ngecebo lakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Ukumkani waseSamariya wonqanyulwa; wothi shwaka ngathi luluthi emanzini.

8Asisathethi ke ngamaqonga asezindulini, kuba wona aya kutshatyalaliswa. Angundoqo wesono sikaSirayeli. Kokhula ameva kunye nenkunzane, atsho angabonakali amaqonga abo. Ngoko bosuka bathi ezintabeni: “Siweleni, nisifihle!” ezindulini bathi: “Sigqumeleleni!”

9Kusukela kwimihla yaseGibheya uthe rhoqo ukona, Sirayeli. Ewe, awushenxanga kulo mkhwa. Kwenzeka ntoni na eGibheya? Andithi bagutyungelwa yimfazwe?

10Ndosuka ndibohlwaye abanxaxhayo, nditsho olu hlanga lonayo. Izizwe ziya kuluhlanganyela; ewe, zona ziya kulukhonkxa ngesi sono siphinda-phindeneyo.

11UEfrayim yena nqwa nethokazi lenkomo – nditsho ithokazi eliqeqeshiweyo, elo libhula ngentumekelelo. Ke ndolifaka edyokhweni, ndiyibeke kuloo ntamo yalo. Ewe, ndomqhuba uEfrayim, uJuda ndimfake ekulimeni. Ewe, uYakobi uza kuyerha.

12Khanizihlwayelele ubulungisa, nixhamle iziqhamo zobubele. Ewe, khaniwukhubele umhlaba. Eli lixesha lokufunana noNdikhoyo, ade ke yena afike, anithululele amathamsanqa.

13Kambe ke nihlwayele inkohlakalo, naza ke navuna kwayona. Nizixhamle iziqhamo zokukhohlisa. Kaloku suka nakholosa ngobugorha benu, naqamela ngobuninzi bamajoni.

14Anikho sisidube-dube semfazwe; zonk' iinqaba zenu zotshatyalaliswa njengoShalman mhla ngedabi, mini wavuthulula iBhetarbhele, abadlezana bagileka bawa neentsana zathi geqe phaya.

15Bantundini baseBhetele, nakuni kuya kuba njalo ngenxa yobukhulu benkohlakalo yenu. Ewe, ukuthwasa kwaloo mini ukumkani kaSirayeli wotshabalala.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

UHosiya 11

Ukuthandwa kukaSirayeli

1“USirayeli ndamthanda kwasebuncinaneni bakhe; ndambiza ukuba aphume
eJiputa unyana wam.

2Ndaba ngakhwaza ndimbiza uSirayeli, suka waya ebhekela kum. Baphikela
ukunikela kooBhali; imifanekiso eqingqiweyo bayenzela iziqhumiso.

3Kodwa ndim ofundise uEfrayim ukucathula; ndim owamthi chu ngengalo.
Kodwa abaqondi ukuba ndim obanyangileyo.

4Bona ndabakhokela ndinovelwano; ewe, ndandiyimvuze-mvuze bububele.
Ndabathula idyokhwe ebatyabulayo, ndaza ndathoba ndabafunzela.

5Kambe ke abayi kubuyela kwaseJiputa, kodwa uAsiriya uya kubalawula.
Kaloku abavumi ukubuyela kum.

6Ezixekweni zabo komenyezel' ikrele. Lowanqunqa amanqwanqwa amasango,
liwaphanzise namacebo abo.

7Abantu bam bazimisele ukundishiya. Noba bangade bakhale kOphezu-konke
yena soze abaphakamise.

8“Kodwa ndingathini ukukulahla, Efrayim? Ndingathini ukukuncama,
Sirayeli? Ndingathini ukukuphatha njengeAdama, ndikwenze ufane
neZebhoyim? Intliziyo yam iguqukile ngakuni; imfobe yam itsho
yavuseleleka.

9Andiyi kubuphumeza ubushushu bomsindo wam; andiyi kuphinda
ndimbhubhise uEfrayim. Kaloku andimntu, ndinguThixo, uYedwa othe
zwabha phakathi kwenu. Andiyi kuza ndinobushushu bomsindo.

10Bosuka bamlandele uNdikhoyo. Yena wovungama njengengonyama. Ke
kaloku akubhavumla usapho lwakhe loza lungcangcazela; ewe, luya kuza
ngasentshonalanga.

11Boza benkwantya okweentaka bevela eJiputa; boba njengamahobe bevela
eAsiriya. Ndobabuyisela emakhayeni abo.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

Isono sikaSirayeli

12UEfrayim undijikeleza ngobuxoki; indlu kaSirayeli indithe nca ngenkohliso.
UJuda yena uvukelana noThixo, nditsho uYedwa lowo uthembekileyo.

UHosiya 12

1UEfrayim walusana nomoya; usukelana nolophu lwasempuma; imini yonke
wandisa ubuxoki nobubhoja. Yena unqophisana neAsiriya; nango amafutha
omnquma ewasa eJiputa.

2 UNdikhoyo umangalela uJuda; uYakobi womohlwaya ngezono zakhe,
ambuyekeze ngezinto azenzileyo.

3Engekaveli wabamba umntakwabo, wamthi nqaku ngesithende. Ebudodeni
wabambana noThixo,

4wajijisana nesithunywa woyisa, wakhala ecela inceba. Wahlangana noThixo
eBhetele, waza wathetha-thethana naye khona apho –

5uNdikhoyo uThixo uSomandla. Gama lakhe ke nguNdikhoyo; uthuthwa
ngalo xa enqulwa.

6Ngoko ke buyela kuThixo wakho; gcina uthando nobulungisa, uhlale
uthembele kuThixo wakho.

7Isikali somrhwebi sesobuqhopholo; yena uthanda ukuxhaphaza.

8Kodwa uEfrayim uthi: “Ndimi kakuhle, ndisisinhanha. Ekuzityebiseni kwam
akukho bugwenxa nasono esinokufunyanwa.”

9“NdinguNdikhoyo uThixo wakho owakukhuphulula kwelaseJiputa.
Ndophinda ndinihlalise ezintenteni njengakwimihla yamatheko amisiweyo.

10Ndim owathetha nabashumayeli, ndabathi jize ngemibono, ndathetha
ngemizekeliso ngemilomo yabo.”

11IGiliyadi ibimi kakuhle, kodwa ngoku ayisento yanto. Koba njalo
naseGiligali – noxa kwakubingelelwa ngeenkunzi khona amaqonga ayo ofana
neengqumba zamatye, nditsho ezo zikumasimi alinyiweyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12UYakobi wabhacela kwa-Aram, uSirayeli wamsebenzela umfazi – ukuze
amlobole walusa iigusha.

13UNdikhoyo wasebenzisa umshumayeli ukukhupha uSirayeli eJiputa; ewe,
wabalondoloza ngomshumayeli.

14Kodwa uEfrayim umcaphukise gqitha. Ngoko ke ityala legazi liza
kumfumana, iNkosi yakhe imbuyekeze ngehlazo alenzileyo.

UHosiya 13

Ingqumbo kaThixo ngakuSirayeli

1Fudula esithi akuthetha uEfrayim abantu bona bangcangcazela; ewe, yena
wayehlonelwa kwaSirayeli. Kodwa ke suka wazixabhela; suka wanqula
uBhali waphutha.

2Ngoku wongeza isono phezu kwesono; uzenzela imifanekiso etyhidiweyo
ngesiliva, izithixo ezenziwe ngokweembono zakhe. Ewe, bubuchule bezandla
zomntu. Ngoku ke sekusithiwa: “Ofuna ukwenza idini makawange la
mathole.”

3Ke ngoko bothi shwaka njengenkungu yakusasa, njengombethe osuka
uvuthuluke. Bofana nomququ ophetshethwa ngumoya, umququ wesanda
ophel' emehlweni, ngathi ngumsi otyhoboza ngefestile.

4“Ukanti ke ndinguNdikhoyo uThixo wakho. Mna ndakukhuphulula eJiputa.
AwunaThixo ngaphandle kwam, kungekho namsindisi ingendim.

5Ndim owakulondolozayo entlango, ndakugcina kwilizwe lembalela.

6Ndanondla natsho nahlutha, nathi ningahlutha nakhukhumala; ewe, nasuka
nandilibala.

7Ndosuka ndinihlasele njengengonyama; ndosuka ndinilalele njengengwe.

8Ndohlasela njengebhere eyohluthwe amathole ayo; ewe, ndosuka
ndiniqwenga-qwenge. Ndonidlavula njengemazi yengonyama, ndiniqwenge
ngathi nihlaselwa lirhamncwa.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9“Ngenene uzonakalisile, Sirayeli, ngokundichasa kwakho, mna luncedo
lwakho.

10Uphi khona loo kumkani wakho ukuba angakusindisi ezixekweni zakho
zonke? Ziphi kaloku iinkokheli zakho? Ngani zingakuncedi nje? Kaloku
nankqangaza nisithi: ‘Sinike ookumkani nabalawuli.’

11Ewe kaloku, ndasuka ngomsindo, ndaza ndaninika ookumkani.
Kwangomsindo ndisuke ndabohlutha.”

ISamariya iza kohlwaywa

12“Ubugwenxa bukaEfrayim budityanisiwe babotshwa; izono zakhe zigcinwe
kuvimba.

13Uyapena-pena ziintlungu zenimba; kambe sisiyatha sosana – lakufika ixesha
lokuzalwa aluvumi ukuvela.

14Ndomhlawulela na kwigunya lengcwaba? Ngaba ndomhlangula na ekufeni?
Wena kufa, siphi isibetho sakho? Nawe ngcwaba, luphi ulwamvila lwakho?
Ngenene andisayi kuba nanceba mpela!

15“Noba uEfrayim angaba nempumelelo phakathi kwezizalwane zakhe, uya
kufikelwa lulophu lwasempuma, umoya kaNdikhoyo ovela entlango, utshe
umthombo wakhe, amaqula akhe ome qoko. Oovimba bakhe baya
kuphangwa nabo bonke ubuncwane babo buthathwe.

16ISamariya yona iza kohlwaywa; kaloku bavukelene noThixo wabo. Baza
kuba zizigede likrele; iintsana zophihlizwa emhlabeni, nabakhulelweyo baya
kuqangqululwa.”

UHosiya 14

Kubongozwa uSirayeli

1Khanibuye kaloku, maSirayeli; buyelani kuNdikhoyo, kuThixo wenu. Kaloku
niwile ngenxa yezono zenu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Thathani la mazwi nibuyele kuNdikhoyo, nithethe naye nithi: “Sixolele bonke ubugwenxa bethu, uze wamkele okulungileyo; endaweni yeenkunzi zeenkomo sinikela kuwe ngamazwi emilebe yethu.

3Akanakusisindisa uAsiriya; asiyi kukhwela mahashe emfazwe. Asiphindi sithi: ‘Thixo wethu,’ entweni esiyenze ngokwethu, kuba kukuwe apho inkedama ifumana inceba khona.”

4“Ndiza kukunyanga ukunxaxha kwabo, ndibavave ngesisa sothando, kuba kaloku andisabaqumbelanga.

5KuSirayeli ndoba njengombethe, atsho aqhakaze njengenyibiba, endele azike emhlabeni, afane nomsedare waseLebhanon.

6Amasebe akhe aya kunaba, abe nomkhitha njengomnquma, aqhole njengomsedare waseLebhanon.

7Abaphila phantsi kwephiko lakhe baya kuchuma njengengqolowa, badubule njengediliya, badume njengewayini yaseLebhanon.

8Efrayim, andinanto yakwenza nezithixo. Ndim osabelayo akukhathalele; ndifana nompayini ohlal' uluhlaza. Kungenxa yam uneziqhamo nje.”

Umqukumbelo

9Osisilumko uya kuziqonda ezi zinto; oqaphelayo uya kukwazi oku. Iindlela zikaNdikhoyo zithe ngqo. Ke amalungisa ahamba ngazo; ke bona abakreqi ziyabakhubekisa.

© 1996 Bible Society of South Africa.

UJoweli

UJoweli 1

Isingeniso

1Nali ilizwi likaNdikhoyo elafika kuJoweli unyana kaPetuweli.

Uhlaselo lweenkumbi

2Hoyina, zingwevu zakowethu! Yivani, nonke bemi beli lizwe! Nikhonje nakha nayibona into enje? Khona kwimihla yamanyange yakhe yakho phi?

3Ke, yixeleni kubantwana benu; nabo ze bayixelele abantwana babo, ukuze nabo bayixelele isizukulwana esizayo.

4Oko kushiywe ngumqikela kudliwe yinkumbi; okushiywe yinkumbi kudliwe ngumkhothululi; ukanti okushiywe ngumkhothululi kudliwe ngumnqunquthi!

5Vukani, nitshw' esofelweyo, manxila; lilani nonke nigixe, baseli bewayini. Ewe, bhombolozani ngenxa yewayini entsha – kaloku sobe nibe saphinda niyirhabule.

6Kaloku eli lizwe lihlaselwe ngumkhosi; ewe, ziingwanyalala eziyinyambalala. Ngenene zizinto ezimazinyo angxavula okwengonyama. Ngonyamakazi yakwabani emabamba anje?

7Isidiliya sam usibhuqe bhuqiyane, imithi yam yomkhiwane wayitshabalalisa. Ewe, uyixoze wada wayixobula, wageqa noomaxolo ejuba phaya. Ewe, iziphunzi zasala zimhlophe wee.

8Ngoko ke hlahlambani nixel' umfazana ozilayo eswelekelwe ngumyeni wakhe.

9Okokwayo iminikelo yeenkozo, ngokunjalo neminikelo yewayini, inqamkile endlwini kaNdikhoyo. Ngoko ke ababingeleli bayagixa; nditsho abo bangabalungiseleli bakaNdikhoyo.

10Kaloku nanko amasimi eze, nomhlaba ngokwawo uyabhomboloza. Kaloku ingqolowa itshabalele, newayini yembala inqamkile. Asisathethi ke ngamafutha omnquma.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11Ewe, ncamani, nina balimi, nihlahlambe, batyali bomdiliya, nangenxa yengqolowa nerhasi. Ngenene isivuno samasimi sitshatyalalisiwe.

12Umdiliya usuke woma khwahla; kanti wona umkhiwane uswamile. Oomirharnati, isundu, nom-apile, suka yabharha yonk' imithi. Nasebantwini imivuyo iphelile.

Ukuzisola nenguquko

13Ke nina, babingeleli, fakan' ezokufelwa nizile; bhombolozani, balungiseleli baseqongeni. Yambathani ezokuzila nasebusuku, nditsho nina, balungiseleli bakaThixo wam, ngenxa yeminikelo yeenkozo nethululwayo. Kaloku yona inqamkile endlwini yoThixo wenu.

14Bhengezani ithuba lokuzila; ewe, miselani imbizo eyodwa. Waqokeleleni amadod' amakhulu; xa bebonke abemi beli lizwe mabeze endlwini kaNdikhoyo uThixo wenu, bakhale kuye.

15Hay' ukoyikeka kwaloo mini! Ewe, imini kaNdikhoyo isemnyango! Yogaleleka ipheth' intshabalalo evela kuSomandla.

16Kaloku kona ukutya suka kwanqanyulwa phambi kwamehlo ethu. Asisathethi ke ngemivuyo nolonwabo – alusekho nasendlwini kaThixo wethu.

17Imbewu isuka ingunde phantsi kwamagade. Udladla ngokwalo seludlakadlaka, noozisele ngokwazo zidibekile. Kaloku ingqolowa itshile.

18Nâzo izilwanyana zigxwala, imihlambi yeenkomo ikhohliwe. Kaloku amadlelo azo akaphethe nto, ukanti ke neegusha zixhwithekile.

19Ewe, Ndikhoyo, ndibhenela kuwe. Kaloku amadlelo ethu atshile; nemithi yonke irhawuke yaphela, kwanga ilenywa lidangatye.

20Abhenele kuwe amarhamncwa nezilwanyana. Kaloku imithombo yamanzi itshe qoko; ewe, amadlelo asuke abharha.

UJoweli 2

Umkhosi weenkumbi

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Hlokomisan' ixilongo eZiyon; hlaban' umkhosi kwintaba yam engcwele. Mabankwantye bonke abemi beli lizwe. Kaloku imini kaNdikhoyo isemnyango; ayifikanga, koko igalelekile.

2Ngumhla othi thsu, imini yesithokothoko; lusuku olurhuqis' amafu, nditsho amafu amnyama, imini enjengongcwalazi phezu kwentaba. Nank' umkhosi omkhulu owomeleleyo! Nowamanyange awuzange ube nje; nowezizukulwana awusoze ube njalo.

3Phambi kwawo kulenyez' umlilo; ngasemva kudangazel' idangatye. Phambili phaya umhlaba ngathi ngumyezo we-Eden, kodwa emkhondweni wawo yinkangala. Ubetha kungasindi nto konke-konke.

4Mbonakalo yawo ngathi ngamahashe; ewe, uphala oku kwawomkhosi.

5Nanko utsiba-tsiba ezintabeni. Yingxokolo engathi kukugaxaza kweenqwelo zokulwa, ngathi kukunqanqaza komququ otshiswa ngumlilo. Unqwa nomkhosi oqulele imfazwe.

6Ewe, wona nguvela-barhwaqele; phambi kwawo ubuso bezizwe buyambatsha.

7Uhlasela okwamagorha; ugwencel' iindonga okwamajoni; ungqala phambili ungajika-jiki.

8Ewe, awugxalathelani, uhlala uthe mbo; nokuba sewubulawa loo nto ayiwuthibazi.

9Usuka uphoseke phakath' esixekweni, uqakathe phezu kwezo ndonga. Usuka utsho phakathi ezindlwini nangeefestile ngathi ngamasela.

10Wakuvela suka kunyikim' umhlaba; ke sona isibhakabhaka singcangcazele, ilanga nenyanga zijike zibe mnyama, ke zona iinkwenkwezi zitsho zifiphale.

11UNdikhoyo uzongomisa ngelo lizwi, endolosa phambi komkhosi wakhe. Awakhe amabutho yinkungu nelanga; ewe, yena uthotyelwa ngamagorha. Hay' ubukhulu bemini kaNdikhoyo! Awu, hay' ukoyikeka kwayo! Yaz'ba ngubani na onokumelana nayo?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Guqukani

12Ewe kaloku, utsho uNdikhoyo, yena uthi: “Qalisani kwangoku. Buyelani kum ngamxhelo mnye ngokuzila, ngeenyembezi, nangesingqala.”

13Ndithi sanukuzikrazula izinxibo, koko zisoleni kukrazuk' iintliziyo. Buyelani kuNdikhoyo uThixo wenu; kaloku yena unesisa kwanemfobe, uza kade umsindo, yimvuze-mvuze ngobubele; ewe, unebuyambo, akananqala.

14Ngubani ke owaziyo? Noko mhlawumbi angabuya asivele, asithululele iintsikelelo – umnikelo weenkozo kunye nothululwayo uziswe kuNdikhoyo uThixo wakho.

15Khanihlokomise ixilongo eZiyon. Bhengezani umhla owodwa wokuzila; ewe, qokelelan' ibandla ibe yimbizo.

16Bahlanganiseni abantu, niyihlambulule loo ntlangano. Waqokeleleni amadoda amakhulu; kananjalo qokelelani nabantwana, nize naye nalowo usebeleni. Nomyeni makalishiye igumbi lakhe, aze nomtshakazi aphume entangeni.

17Ababingeleli abalungiselela kwaNdikhoyo mabantywizise; ewe, mabalile phakathi kwegumbi lokungena neqonga, bathi: “Khawube nebuyambo, Ndikhoyo! Abantu abalilifa lakho mabangabi sisigculelo. Mabangabi ngundaba-mlonyeni wezizwe. Abantu mabangathethi ngabo besithi: ‘Ud' abe phi na lo Thixo wabo?’ ”

Ibuyambo

18 UNdikhoyo woba nekhwele ngelizwe lakhe, abenzele inceba abantu bakhe.

19UNdikhoyo wobaphendula athi: “Ewe, ndiza kuninika ingqolowa, newayini entsha, namafutha omnquma. Ngenene niya kutya nihluthe, ndingaze ndiphinde ndinenze intlekisa phakathi kwezizwe.

20Ndosigxotha isibetho esivela ngasentla, ndisidudulele kwinkangala yentlango. Amabutho aphambili ndiwase kulwandle lwasempuma, asemva wona ndiwase kolwasentshonalanga. Hayi ke ukubopha kwevumba lazo! Kuba kambe iziphakamisile ngokwenza izinto ezinkulu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

21Musa ukoyika, mhlabandini; ewe, yiba nemihlali wonwabe ngenxa yemisebenzi emikhulu ayenzayo uNdikhoyo.

22Sanukoyika nani, zilwanyana zasendle. Kaloku amadlelo asentlango ayahluma, imithi nayo ithwala iziqhamo zayo, ngokunjalo umkhiwane nomdiliya uyavuza zizo.

23Vuyani nani, bemi baseZiyon. Yonwabani kuNdikhoyo uThixo wenu, kuba uninike ngobulungisa imvula yasekwindla, wanithululela izandyondyo zomvimbi ekwindla nasentlakohlaza, natsho nadla ngendeb' endala.

24Izanda ziya kuzala yingqolowa, iifatyi ziphuphume yiwayini entsha namafutha omnquma.

25Mna ndiya kunibuyekeza ngelahleko yeminyaka yeenkumbi – nditsho umkhothululi, nomqikela, nomnqunquthi, loo mkhosi wam omkhulu ndanithumela ngawo.

26Niya kutya nizibethe zibe bomvu, nitsho nilidumise igama likaNdikhoyo uThixo wenu onenzele imimangaliso engaka. Soze baphinde badeleke abantu bam nanini na.

27Niya kuqonda ukuba ndinaye uSirayeli, nazi ukuba ndinguNdikhoyo uThixo wenu, niqonde ukuba akukho wumbi. Ewe, soze baphinde badeleke abantu bam nanini na.”

Imini kaNdikhoyo

28“Kothi ke emva koko ndithulule uMoya wam kulo lonke uluntu, bashumayele oonyana neentombi zenu, amaxhego aphuphe amaphupha, abafana babone imibono.

29Ewe, nezicaka nezicakazana ndiya kuzigalela ngoMoya wam ngaloo mihla.

30Ndiya kwenza imiqondiso esibhakabhakeni nasemhlabeni, kube ligazi, umlilo, nentshinyela yomsi.

31Ilanga liya kujika libe bubumnyama, inyanga ibe bomvu njengegazi, phambi kokufika kwaloo mhla mkhulu woyikekayo kaNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

32Kananjalo nabani na othe wabiza igama likaNdikhoyo uya kusindiswa, kuba kaloku kwintaba iZiyon naseJerusalem kuya kubakho ukuhlangulwa, njengoko atshiloyo uNdikhoyo – nditsho ukuhlangulwa kwâbo babiziweyo nguNdikhoyo.”

UJoweli 3

Ukugwetywa kwezizwe

1“Ke kaloku ngaloo mihla, ngalo kanye elo xesha, ekuyibuyiseleni kwam iJerusalem noJuda kwimeko yayo yangaphambili,

2ndoziqokelela zonke izizwe, ndizithobele kwintili kaYoshafati, apho ke ndozigweba khona ngenxa yelifa lam abantu bam amaSirayeli. Kaloku bawasarhaze aziimbacu ezizweni, bawahlula-hlula umhlaba wam.

3Benze amaqashiso ngabantu bam; ngenxa yamahenyukazi bathengisa ngamakhwenkwe, ngenxa yewayini bathengisa ngamantombazana, khon' ukuze babe nento yokusela.

4“Kambe ke niya kundenza ntoni na, nina Tire neSidon nemimandla yaseFilistiya? Ngaba nizama ukuphindisa ngenxa yesenzo sam? Xa kunjalo ke mna ndokhawuleza ndinibuyekeze kwangoko.

5Kaloku nayithimba isiliva negolide yam, nabuthatha nobona buncwane bobutyebi bam, nabuthimba nabusa ezindlwini zoothixo benu.

6AbakwaJuda nabaseJerusalem nithengise ngabo kumaGrike, nabasa kude lé kwelakowabo.

7Ngoku ke ndiza kubaphuthuma kwezo ndawo wabathengisa kuzo, ndiphindise ngenxa yezinto owazenza kubo.

8Oonyana neentombi zenu ndobathengisa kumaJuda; aze wona abathengise kwisizwe esikude, amaShebha.” Lawo ke ngamazwi kaNdikhoyo.

9Le nto yivakaliseni ezizweni. Ndithi hlaban' umkhosi. Ewe, waxhokonkxeni amajoni. Onke amadoda emfazwe makasondele ahlasele.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Amakhuba wajikeni abe ngamakrele, izitshetshe zokuthena imithi zibe yimikhonto. Negwala malithi: “Ndilikroti.”

11Phuthumani, yizani nonke, zizwe ezijikelezileyo; yizani niqokelelane apho. Thoba umkhosi wakho, Ndikhoyo.

12“Ke zona izizwe mazishukunyiswe zingene kwintili kaJoshafati. Ke mna ndohlala khona, ndizigwebe iintlanga ezijikelezileyo.

13Ewe, khawufake irhengqe; kaloku isivuno sivuthiwe ngoku. Ngena uxovule iidiliya; sona isixovulelo sizele, kananjalo nemiphanda iyaphuphuma. Kaloku inkohlakalo yabo inkulu.”

14Nâbo beyinyambalala yesihlwele phaya kwintili yesigqibo. Kaloku imini kaNdikhoyo isemnyango; ewe, iyifikele intili yesigqibo.

15Loba mnyama ilanga nenyanga; iinkwenkwezi zosuka zifiphale.

16UNdikhoyo wobhavuma eZiyon, izwi lakhe lizongome eJerusalem, umhlaba nesibhakabhaka utsho ungcangcazele. Ke abakhe bazimela ngaye uNdikhoyo; ewe, yena ulixhadi labantu bakhe amaSirayeli.

Intsikelelo yabantu bakaThixo

17“Ke kaloku nina notsho niqonde ukuba mna Ndikhoyo ndinguThixo wenu. Ndaye ke ndihlala eZiyon, ndawo leyo iyintaba yam engcwele. IJerusalem yoba sisixeko esingcwele, ingaze iphinde yoyiswe ziintlanga.

18“Ngaloo mihla iintaba zovuz' iwayini entsha, ke zona iinduli ziphalale ubisi, iintlambo zonke zakwaJuda zimpompoze amanzi. Kwindlu kaNdikhoyo kogqabhuk' umthombo, kunkcenkceshelwe intili yaseShitim.

19IJiputa yojika ibe yintlango, iEdom ibe yinkangala ebharhileyo, kuba zisuke zamgonyamela uJuda, ezweni lakhe zaphalaza igazi elingenatyala.

20UJuda uya kumiwa naphakade, iJerusalem imiwe zizizukulwana ngezizukulwana.

21Ityala labo legazi endilibambileyo mna ndiya kulixolela.” Kaloku uNdikhoyo umi eZiyon.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

UAmos

UAmos 1

Intshayelelo

1La ngamazwi ka-Amos, owayengomnye wabafuyi baseTekowa, abhekiselele koko wakubonayo ngokuphathelele kumaSirayeli, ngexesha u-Uziya wayengukumkani kwaJuda, yena uJerobhowam unyana kaJowashe engukumkani kwaSirayeli, iminyaka emibini phambi kwenyikima.

2Wathetha wenjenje uAmos: “ UNdikhoyo angabharhumla kwintab' iZiyon, iziwi lakhe lingazongoma livela ngaseJerusalem, amadlelo atsho abharhe, yona incopho yentaba iKarmele itshaze.”

Isigwebo sikaThixo kubamelwane bamaSirayeli: Ama-Aram

3Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Nokuba iDamasko yayone izihlandlo zazithathu ngendingasirhoxisanga isohlwayo sam. Kambe ke suke yagqithisa ngokona isihlandlo sesine. Kaloku ibhule iGiliyadi ngesileyi sokubhula esimazinyo ayintsimbi.

4Ngoko ke ndiza kulintumeka ngomlilo ibhotwe likaHazayeli, zitshe ziphele nqu iinqaba zikaBhenadadi.

5Ndiza kuwadiliza amasango aseDamasko, ndibasiphule neengcambu abemi bentili yaseAven kunye nezo ziphathamandla zaseBhete-eden. Ama-Aram aya kuthinjwa, asiwe eKire.” Utsho uNdikhoyo.

AmaFilistiya

6Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Nokuba iGaza yayone izihlandlo zazithathu ngendingasirhoxisanga isohlwayo sam. Kambe ke suke yagqithisa ngokona isihlandlo sesine. Kaloku bona bathimba isizwe siphela, basithengisa saba ngamakhoboka kwaEdom.

7Ngoko ke ndiza kuluntumeka ngomlilo udonga lwaseGaza, zitshe ziphele nqu iinqaba zalapho,

© 1996 Bible Society of South Africa.

8ndibasiphule neengcambu abemi baseAshdode kunye nezo ziphathamandla
zaseAshkelon, ndiziphanzise iidolophu zase-Ekron, kungasali nempunde le
kumaFilistiya.” Itsho iNkosi uNdikhoyo.

AmaTire

9Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Nokuba iTire yayone izihlandlo zazithathu
ngendingasirhoxisanga isohlwayo sam. Kambe ke suke yagqithisa ngokona
isihlandlo sesine. Kaloku bona bathimba isizwe siphela, basithengisa saba
ngamakhoboka kwaEdom, suka bawutyeshela umnqophiso wobuzalwana.

10Ngoko ke ndiza kuluntumeka ngomlilo udonga lwaseTire, zitshe ziphele
nqu iinqaba zalapho.”

AmaEdom

11Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Nokuba amaEdom ayone izihlandlo zazithathu
ngendingasirhoxisanga isohlwayo sam. Kambe ke suke agqithisa ngokona
isihlandlo sesine. Kaloku wona awaqweqwedisa ngekrele amawabo, ayitsho
yaphela tu imfobe yokuzalana, awaqwenga enomsindo ongapheliyo, umsindo
ongathibazekiyo.

12Ngoko ke ndiza kuyintumeka ngomlilo iTeman, zitshe ziphele nqu iinqaba
zaseBhozera.”

Ama-Amon

13Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Nokuba ama-Amon ayone izihlandlo zazithathu
ngendingasirhoxisanga isohlwayo sam. Kambe ke suke agqithisa ngokona
isihlandlo sesine. Kaloku wona aqangqulula abafazi abakhulelweyo
baseGiliyadi ukuze bandise imida yabo.

14Ngoko ke ndiza kuluntumeka ngomlilo udonga lwaseRabha, zitshe ziphele
nqu iinqaba zalapho. Kovakala intlaba-mkhosi mhla ngedabi, kuvuthuze
umoyakazi ngemini yesaqhwithi.

15Uya kuthinjwa ukumkani wawo, yena kunye namaphakathi akhe.” Utsho
uNdikhoyo.

UAmos 2

© 1996 Bible Society of South Africa.

AmaMowabhi

[1]Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Nokuba amaMowabhi ayone izihlandlo zazithathu ngendingasirhoxisanga isohlwayo sam. Kambe ke suke agqithisa ngokona isihlandlo sesine. Kaloku wona awatshisa aluthuthu amathambo kakumkani wase-Edom.

[2]Ngoko ke ndiza kulintumeka ngomlilo elakwaMowabhi, zitshe ziphele nqu iinqaba zaseKeriyoti. Aya kufa kuloo mbodamo amaMowabhi, kuvakala intsholo yentlaba-mkhosi nezigodlo.

[3]Ndiya kuzicim' igama iziphathamandla zalapho, nezinxiba-mxhaka zabo zife kunye nabo.” Utsho uNdikhoyo.

AmaJuda

[4]Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Nokuba amaJuda ayone izihlandlo zazithathu ngendingasirhoxisanga isohlwayo sam. Kambe ke suke agqithisa ngokona isihlandlo sesine. Kaloku wona awulahlile umyalelo kaNdikhoyo, akayigcina imimiselo yakhe, suka alahlekiswa ngamampunge, nditsho amampunge awayelandelwa ngooyise.

[5]Ngoko ke ndiza kulintumeka ngomlilo elakwaJuda, zitshe ziphele nqu iinqaba zaseJerusalem.”

Isigwebo sikaThixo kumaSirayeli

[6]Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Nokuba amaSirayeli ayone izihlandlo zazithathu ngendingasirhoxisanga isohlwayo sam. Kambe ke suke agqithisa ngokona isihlandlo sesine. Kaloku wona azuza imali ngokuthengisa ngabantu abathembekileyo, ihlwempu lona ananise ngalo ngeembadada.

[7]Iindwayi azinyhasha iintloko zibe luthuli, zona iimpula-kalujaca azitsho ziphume endleleni. Unyana noyise babolekisana ngenkazana enye, benyelisa igama lam elingcwele.

[8]AmaSirayeli ahamba ezandlala kumaqonga ngamaqonga, etsho ngezambatho azithimbileyo, endlwini yothixo wawo asele iwayini ayithathe kubantu abadliweyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

9“Ndim kaloku owawatshabalalisayo ama-Amori phambi kwamaSirayeli –
nditsho eziya ngxilimbela zibude bunga ngumthi womsedare, nokomelela
kunga ngum-oki, ndazitshabalalisa iziqhamo zawo phezulu, ndazisiphula
iingcambu ezantsi.

10Ndim owanikhupha eJiputa, ndanikhapha amashumi amane eminyaka
nisentlango, nada naya kuhlutha umhlaba wama-Amori.

11Ndim owenza abanye boonyana benu baba ngabashumayeli, abanye baba
ngamalolo kaNdikhoyo? Akunjalo yini na, bonyana bakaSirayeli?” Nguwo
lowo umlomo kaNdikhoyo.

12“Loo malolo nina niwangxale iwayini, kubashumayeli nathi: ‘Musani
ukushumayela.’

13“Mna ke ndiza kunenza nixinge apho nikhoyo, oku kwenqwelo exinga
kukuzala zizithungu.

14Akuyi kusinda noyena unamendu umntu, nezigantsontso ziya kutsho
ziphelelwe ngamandla, ikroti lingabi nako ukusindisa ubomi balo,

15kunkwantye nkqu neencutshe zeentolo, imbaleki ingabi nakuphuncuka,
kungasindi nokhwele ehashini.

16Ewe, nelona laziwayo igorha liya kuswantsula zé ngaloo mini.” Nguwo
lowo umlomo kaNdikhoyo.

UAmos 3

Isohlwayo sâbo bayimilowo kaNdikhoyo

1Liveni eli lizwi alibhekisa kuni uNdikhoyo, bantu bakwaSirayeli, kuni nalo
lonke usapho lwakhe awalukhuphayo eJiputa:

2“Nini kuphela abantu endabanyulayo kwizizwe zonke zehlabathi; yiyo ke loo
nto ndiza kunohlwaya ngenxa yobugwenxa benu bonke.”

3Bakha bahamba kunye na ababini bengavani?

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Kanene, ikhe igqume ehlathini ingonyama ingenalo ixhoba? Khona, ikhe irgargame ingonyama entsha esikhundleni sayo ingabambanga nto?

5Yona intaka ikhe ingene kwisabatha apho kungabekwanga mgibe khona? Sona isigu khe sifane sibambise nje, kungekho nto ibanjiweyo?

6Kanene, khe kubekho intlaba-mkhosi ingabothusi abantu esixekweni? Hee, khe kuvele ishwangusha esixekweni lingasuki kuNdikhoyo?

7Ukanti ke yona iNkosi uNdikhoyo ayenzi nto ingathanga ilityhile icebo layo kwizicaka zayo abashumayeli.

8Yakugquma ingonyama, ngubani ongakhwankqiyo? Yakuthetha iNkosi uNdikhoyo, ngubani ongalayo ukushumayela?

9Luvakalise olu daba kumabhotwe aseAshdode; luxele nakumabhotwe aseJiputa, uthi: “Buthelani ezintabeni zaseSamariya, niye kubona imbudumbudu ekweso sixeko, niyijonge ingcinezelo elapho.”

10Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Abo bantu abazani tu nobulungisa; amabhotwe abo azele zizinto abazizuze ngobugebenga nangokuxhaphaza.”

11Yiyo ke loo nto iNkosi uNdikhoyo itshoyo ukuthi: “Umhlaba wenu uza kurhawulwa ziintshaba, zinaphule iimpondo, zithimbe naloo mabhotwe enu.”

12Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Kuloo maSirayeli athe zava kwezo sofa zaseSamariya, ehleli kwezo zihlalo zitofo-tofo, kosinda nje imbinana, ngathi yimilenze yegusha okanye isijungqe sendlebe efane yaxhwilwa ngumalusi emlonyeni wengonyama.”

13Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo uThixo onamandla onke: “Yivani, nize niyilumkise inzala kaYakobi.

14Kaloku ngaloo mini ndomohlwaya uSirayeli ngenxa yeziphoso zakhe, ndiwadilize amaqonga aseBhetele, nezo mpondo zawo ndizinqumle ziwe phantsi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15Ndozichitha izindlu zasebusika nezasehlotyeni, ndiwatsho abe ngamabhodlo loo mabhotwe ahonjiswe ngamabamba eendlovu, aphele amapomakazi alapho.” Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo.

UAmos 4

Abafazi baseSamariya

1Liphulaphuleni eli lizwi, bafazindini basezintabeni zaseSamariya, zintondini ezityebe okweemazi zeenkomo zaseBhashan, nina nicinezela iindwayi, niwaxhaphaze amahlwempu, ezi zinto zithi kumadoda azo: “Thungani sisele!”

2Ifunge ubungcwele bayo iNkosi uNdikhoyo, yathi: “Seyinifikele imini yokuqweqwediswa kwenu nirhuqwa ngamagwegwe, abantwana benu betsalwa ngomlobothi.

3Niya kukhutshwa ngeemfanta zeendonga ezilungelelene nani; niya kulahlwa kweziya ntaba zaseHarmon.” Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo.

Iinkani zamaSirayeli

4“Yiyani eBhetele, none; niye naseGiligali, nigabadele ukona; nivuke mihla le nisondeze amadini; nizise izishumi qho ngosuku lwesithathu!

5Zitshiseni izonka ezinegwele zibe ngumnikelo wombulelo, nibhengeze iminikelo yenu yokuqhutywa yintliziyo, nihambe niqhayisa ngaloo nto. Nantso ke into enikholwa yiyo, nina maSirayeli.” Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo.

6“Ndanizisela indlala ezixekweni zenu zonke, akwabikho nesuntswana eli lesonka emizini yenu, kodwa anibuyelanga kum.” Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo.

7“Ndim ozise imbalela iinyanga ezintathu phambi kwesivuno, ndanisa imvula kule dolophu, ndayishiya leya; yanetha kule intsimi, enye ndayishiya ibharhile.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Basuka kule dolophu baya kuleya abantu, befuna amanzi okusela, suka akabanela. Kodwa phezu koko anibuyelanga kum.” Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo.

9“Ndahlisa ulophu olutshisayo nomngundane, zazitsho zee waca izityalo nezidiliya zenu, iinkumbi zawanqunqutha amakhiwane enu nemithi yeminquma. Phezu koko anibuyelanga kum.” Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo.

10“Ndanihlisela isibetho esifana nesaseJiputa, oonyana benu bawa ngekrele edabini kunye namadoda akhwela amahashe. Zanuka phu iikampu zenu liphunga lezidumbu zabo, suka nina anabuyela kum.” Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo.

11“Abanye benu ndababhubhisa ngalaa ndlela ndabhubhisa iSodom neGomora ngayo. Nina nasinda ngathi sisikhuni sixwilwe emlilweni, kodwa anifuni kude nibuyele kum.” Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo.

12“Ke ngoko, Sirayeli, ndophinda ndikwenze konke oku. Ke, njengoko ndiza kwenjenjalo, zilungiseleleni, maSirayeli, ukuhlangana noThixo wenu.”

13Ulodala iintaba, adal' umoya, ulozityhilayo iinjongo zakhe eluntwini, ulojik' umsobomvu kuvel' urhatyazo, ulonyathela imimango ephakamileyo yomhlaba, nguNdikhoyo uThixo onamandla onke igama lakhe.

UAmos 5

Iwile intombi enguSirayeli

1Liveni ilizwi lam, ndlu kaSirayeli; nditsho esi sililo ndisenzayo ngenxa yenu:

2“Iwile bhaxa, ayiyi kube ivuke intombi enguSirayeli! Ithe qungqululu yodwa kumhlaba wakowayo, kungekho bani wokuyiphakamisa.”

3Itsho kaloku iNkosi uNdikhoyo ukuthi: “Kuya kusinda ikhulu kuloo dolophu ithumela iwaka edabini, kusinde ishumi lamaSirayeli kuleyo ithumela ikhulu lamadoda.”

USirayeli makayifune iNkosi uNdikhoyo

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Utsho ke uNdikhoyo kwindlu kaSirayeli ukuthi: “Quqelani kum, niphile.

5Musani ukuquqela eBhetele, ningayi naseGiligali, ningatyeleli eBheshebha, kuba abantu baseGiligali baza kuthinjwa, iBhetele ingabi nto yanto.”

6Quqelani kuNdikhoyo, niphile, kungenjalo uya kuza evutha, ayitshise iphele indlu kaJosefu, kungekho nabani eBhetele ongawucimayo loo mlilo.

7Nina nigqwetha ubulungisa bube krakra njengekhala, nibukhahlele phantsi eluthulini.

8Ulomenzi woomakroza noozilimela, ulojik' isithokothoko sobumnyama sibe ngumsobomvu, nemini ibe yintsunguzi yobusuku, ulovulela amanz' olwandle ankcenkceshe ngawo umhlaba, nguNdikhoyo igama lakhe.

9Nguye umtshabalalisi wezigantsontso; nguye umdilizi weenqaba zazo.

Quqelani kokulungileyo

10Niyamcaphukela umntu othanda ubulungisa ezinkundleni, nilithiye ingqina elidandalazisa inyaniso.

11Njengoko niwacinezela amahlwempu, niwarhumisa nangengqolowa ayivunileyo, anisobe nizihlale ezo zindlu zenu zamatye aqingqiweyo, ningasobe niyisele newayini evela kwezo zidiliya zenu zinqwenelekayo.

12Ndiyabazi kaloku ubuninzi bobugwenxa benu nobukhulu bezono zenu. Nitshutshisa abantu abamsulwa; niyakuthanda nokunyotywa. Amahlwempu niyawavala angeviwa ezinkudleni zenu.

13Yiyo ke loo nto zona izilumko zisuka ziwuvale owazo zingathethi, kuba eli lixesha lezinto ezimanyumnyezi.

14Quqelani kokulungileyo, ingekuko okubi, khon' ukuze niphile, naye uNdikhoyo, uThixo onamandla onke, abe phakathi kwenu, njengoko nizingca ngaloo nto.

15Inkohlakalo yithiyeni, nithande ukwenza okuhle, nivuselele ubulungisa ezinkundleni zenu, mhlawumbi uNdikhoyo, uThixo onamandla onke, angaba nenceba kumasalela endlu kaJosefu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

16Ngoko ke utsho uNdikhoyo, uThixo onamandla onke, iNkosi, ukuthi: “Koba sisijwili kwiindawo zonke zembutho; ezitalatweni zonke ibe ngooyoo-yoo zizikhalo. Kobizwa kwanabalimi ukuza kulila, kumenywe nabazili ukuza kubhomboloza.

17Koba seso sijwili nakwizidiliya zenu, kuba ndobe ndize kunohlwaya.” Utsho uNdikhoyo.

Imini kaNdikhoyo

18Mawoo kwabo balangazelela imini kaNdikhoyo! Ngaba kanene kuni loo mini yoba yimini enjani? Imini kaNdikhoyo yoba sisithokothoko sobumnyama, ingabi kukukhanya.

19Koba ngathi umntu ubaleka ingonyama, aye kugagana nebhere. Koba ngathi umntu ungena endlwini, abambelele eludongeni, suka alunywe yinyoka kweso sandla.

20Imini kaNdikhoyo iya kuba bubumnyama, ingabi kukukhanya. Yoba sisithokothoko sentsunguzi engenalitha.

21“Ndiwathiyile, ndiwacekisa amatheko enu, andinamdla konke yimisitho yenu.

22Loo madini atshiswayo niwenzayo, kunye naloo minikelo yenu yeenkozo, andiyi kuyamkela; andiyi kuyisa so konke iminikelo yenu yobudlelane yeenkomo ezityetyisiweyo.

23Niyandifundekela ngezo ngoma zenu; andifuni nokusiva isandi sezo hapu zenu.

24Makuqukuqele ukunyaniseka njengomlambo, nobulungisa njengomsinga ongatshiyo.

25“Ndlu kaSirayeli, yayingendim enanimxhelela, nimenzela amadini iminyaka emashumi mane entlango.

26Ngoku ke niza kuyithwala loo mifanekiso kaSikuti, loo kumkani wenu, kunye nokaKiyuni, inkwenkwezi yothixo wenu enazenzelayo,

© 1996 Bible Society of South Africa.

27kuba ndizimisele ukunigxothela kude lee ngaphaya kweDamasko, apho niya
kuba ngabathinjwa khona.” Utsho uNdikhoyo. NguThixo onamandla onke
igama lakhe.

UAmos 6

Ukutshatyalaliswa kwamaSirayeli

1Mawoo! Lusizi okwenu, nina bantundini bathe zava eZiyon, nina
nizicingelayo ukuba nikhuselekile kwintaba yaseSamariya – nditsho nina,
zindwalutho zesizwe, nina kuziwa kuni ngabantu bakwaSirayeli.

2Khanenjenjeya niye kuvelela iKalene, nidlule apho niye kwesaa sixekokazi
iHamati, nihle nibheke eGati isixeko samaFilistiya. Ngaba loo mimandla
iyidlula ngantoni eyenu? Ngaba kanene loo mihlaba mikhulu kuneyenu na?

3Nina niwubekela kude umhla weshwangusha, kanti nisondeza ukulawulwa
lugonyamelo.

4Nithe zukumfa kwiibhedi ezihonjiswe ngamabamba eendlovu, nee
ngqendevu kwezo sofa zenu, nisitya eyona nyama ikhethiweyo yegusha
nenkomo.

5Nivukwa yinkenkqe yakutsho ihapu, niqambe ingoma nixelise uDavide.

6Nizibetha zichuchumale iindebe yiwayini, niziqhole ngawexabiso amafutha,
ningabi nantlungu ngokutshabalala kwendlu kaJosefu.

7Ngoko ke kuya kuqala kuthinjwe nina, aphele loo matheko enithe zava
kuwo.

8INkosi uNdikhoyo ifunge igama layo; ewe, nguwo lo umlomo kaNdikhoyo,
uThixo onamandla onke, uthi: “Ndiyalicekisa ikratshi lenzala kaYakobi;
ndithiye nkqu loo mabhotwe bahlala kuwo. Ke ngoko isixeko nako konke
okukuso ndiza kusinikela kwiintshaba.”

9Kumzi ekukho ishumi lamadoda kuwo, aya kufa.

10Siya kuthi isizalwana esingcwabayo xa siphakamisa isidumbu sisikhuphela
ngaphandle ukuze sitshise amathambo, sakubiza umntu osengontsini yendlu

© 1996 Bible Society of South Africa.

sisithi: “Ngaba uwedwa apho?” aze athi: “Ndindedwa!” isizalwana eso sithi: “Yithi cwaka; igama likaNdikhoyo malingakhankanywa kule nto.”

11Niyabona, uthethile uNdikhoyo; umzi omkhulu uwudiliza ube ngamabhodlo nomncinane ube ziintanda.

12Akhe aphale na amahashe emaweni? Ngaba ukho olima apho ngeenkabi zeenkomo? Kodwa nina ubulungisa nibujike baba yityhefu, nokunyaniseka nakutsho kwaba likhala elikrakrayo.

13Nivuyiswa kukuthimba iLodabhare, futhi niqhayisa ngokuthi iKarnayim nayoyisa ngamandla enu.

14Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo, uThixo onamandla onke, uthi: “MaSirayeli, ndinizisela isizwe! Siza kuniphatha gadalala ukususa kulaa ngxingwa yaseHamati kude kuye kutsho kulaa ntili ingaseArabha.”

UAmos 7

Umbono weenkumbi

1Naku eyandibonisa kona iNkosi uNdikhoyo. Ndabona idala umqikela weenkumbi xa kanye ingca yayiqala ukuntshula emva kokuba imfuyo kakumkani yayisikelwe utyani.

2Ndazibona xa seziza kulugqiba lonke uhlaza, ndathi: “Tarhu, Nkosi yam Ndikhoyo, baya kuphila yintoni kodwa abantu bakwaYakobi, beziindwayi nje?”

3UNdikhoyo wasijika isigqibo sakhe. “Ayiyi kuba senzeka loo nto,” utshilo uNdikhoyo.

Umbono womlilo

4Naku eyandibonisa kona iNkosi uNdikhoyo. Ndayibona ilungiselela ukohlwaya uluntu ngomlilo. Loo mlilo waqala ngokutshisa amanzi enzonzobila, wabuya usiza kubhubhisa umhlaba.

5Ndaza ndathi: “Nceda, Nkosi Ndikhoyo; pheza ngoku. Abantu bakwaYakobi baya kuphela, beziindwayi nje!”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6UNdikhoyo wasijika isigqibo sakhe malunga nalo mba. “Ayiyi kuba senzeka loo nto,” itshilo iNkosi uNdikhoyo.

Isixhobo sokulungelelanisa

7Naku eyandibonisa kona. INkosi yayimi ngaseludongeni olwalwakhiwe lumpuluswa, iphethe isixhobo sokulungelelanisa.

8Uthe ke kum uNdikhoyo: “Amos, ubona ntoni?” Ndathi: “Ndibona isixhobo sokulungelelanisa.” Yathi iNkosi: “Uyabona, ndiza kubalinganisa ngesixhobo sokulungelelanisa abantu bam amaSirayeli. Ke andiyi kubuya ndijike ndingabohlwayanga.

9Zonke eziya ndawo ziphakamileyo banqula kuzo abendlu kaIsake ziza kubhanga. Ziza kuba ngamabhodlo zonke izibingelelo zamaSirayeli. Indlu kaJerobhowam ndiza kuyibhangisa ngekrele.”

UAmos noAmaziya

10UAmaziya owayengumbingeleli eBhetele wathumela kukumkani uJerobhowam wakwaSirayeli, wathi: “UAmos ukwenzela iyelenqe apha kanye kwaSirayeli. Ilizwe alingekhe liwanyamezele onke amazwi akhe.

11Kaloku uAmos uthi: ‘UJerobhowam uza kufa likrele, amaSirayeli wona athinjwe afuduswe emke kweli lizwe.’ ”

12Waza wabhekisa kuAmos uAmaziya, wenjenje: “Hamb' umke, mbonindini! Hamba ubuyele kwilizwe lakwaJuda, uphangele uzuze isonka sakho ngokushumayela apho.

13Uzungabuye uphinde ushumayele apha eBhetele. Le yindawo yokunqulela ukumkani; esi sisibingelelo sakomkhulu.”

14Wathi uAmos ukuphendula uAmaziya: “Mna andinguye umshumayeli, ndingenguye noweqela labashumayeli abahlawulwayo. Ndingumfuyi mna, ndaye ndilima amakhiwane.

15Ndisuswe nguNdikhoyo koko kufuya. UNdikhoyo uthe kum: ‘Yiya ushumayele kubantu bam amaSirayeli.’

© 1996 Bible Society of South Africa.

16Phulaphula ke, ulive ilizwi likaNdikhoyo. Wena uthi: ‘Musa ukushumayela
kuwo amaSirayeli, ungathethi lizwi lichaseneyo nendlu kaIsake.’

17Ke yena uNdikhoyo utsho kuwe ukuthi: ‘Umkakho uza kuhamba ehenyuza
esixekweni. Oonyana bakho neentombi zakho baza kufa likrele. Umhlaba
wakho uza kwabelwa abanye abantu. Wena uza kufela ezweni
elicekisekileyo. Andisathethi ke ngawo amaSirayeli; wona aza kususwa
kowawo umhlaba, asiwe ekuthinjweni.’ ”

UAmos 8

Ingobozi ezele ziziqhamo

1Naku eyandibonisa kona iNkosi uNdikhoyo. Ndabona ingobozi ezele
ziziqhamo ezivuthiweyo.

2Yathi: “Amos, ubona ntoni?” Ndathi mna: “Ndibona ingobozi ezele
ziziqhamo ezivuthiweyo.” Uthe kum uNdikhoyo: “Sesifikile isiphelo kubantu
bam amaSirayeli, oku kwesiqhamo esivuthiweyo, yaye andiyi kubuya
ndiphinde ndibaxolele.

3Ngaloo mini iingoma zasebhotwe ziya kujika zibe sisijwili. Kuya kujuba
izidumbu ngapha nangapha, kuthi nzwanga. Nguwo lowo umlomo
kaNdikhoyo.”

Intshabalalo yamaSirayeli

4Phulaphulani, nina niwacinezelayo amahlwempu, nizama ukuzicim' igama
iindwayi.

5Nina nithi: “Yaz'ba iya kuphela nini le misitho yentwasa-nyanga, side size
kuthengisa isivuno sethu? Iya kuda idlule nini yona le mihla yokuphumla,
khon' ukuze sananise ngengqolowa?” Ibe kanti umlinganiselo niza
kuwucutha, ixabiso lona nilinyuse, nenze ubuqhetseba ngezikali
ezinganyanisekanga.

6Amahlwempu niza kuwathenga ngesiliva, abasweleyo nibafumane nokuba
kungeembadada, nithengise nkqu nangomdlungu wengqolowa.

© 1996 Bible Society of South Africa.

7UNdikhoyo, iqhayiya likaYakobi, ufunge esithi: “Ndikhonje, andisobe
ndizilibale nanini na izenzo zabo!

8Aliyi kunyikima na ilizwe ngenxa yoku, baze benze isijwili bonke abemi
balo? Awuyi kuphakama na umhlaba uxele iNayile, uphinde uthothe
njengaloo mlambo waseJiputa?”

9Nguwo lo umlomo weNkosi uNdikhoyo: “Ngaloo mini ilanga liya kutshona
emini emaqanda, kube sisithokothoko emhlabeni ngexesha lasemini.

10Amatheko enu aya kujika abe yinzila, iingoma zenu zibe sisililo. Niya
kuzibhijela amarhonya nizile, iintloko zenu zibe nenkqayi. Kuya kuba ngathi
ningumntu ozilele umntwana okuphela kwakhe. Loo mini yesiphelo iya kuba
krakra.”

11Nguwo lo umlomo weNkosi uNdikhoyo: “Seyisondele imihla yokuba
ndihlise indlala ehlabathini, ingabi kukulambela ukudla okanye ukunxanelwa
amanzi, koko ibe kukufuna ukuva amazwi kaNdikhoyo.

12Baya kubhadula abantu, bebheka ngapha nangapha, bathi bengasentla babe
bengasempumalanga, bezingela ilizwi likaNdikhoyo. Kambe ke abasayi
kulifumana.

13“Ngaloo mini iinzwakazi neenzwana ziya kuyoba lunxano.

14Abo bafunga loo nto ilihlazo laseSamariya, besithi: ‘Ekhonje uthixo wakho,
Dan,’ besithi: ‘Ikhonje indlela abanyuka ngayo abantu ukuya kunqula
eBheshebha,’ bona baya kuwa, bangabi sabuya bavuke.”

UAmos 9

Isigwebo sikaNdikhoyo

1Ndayibona iNkosi imi ngaseqongeni lamadini, yaza yathi: “Betha ezo ntsika
phezulu kude kushukume umgubasi. Zaphule, ziwele phezu kwabo bantu
balapho. Bonke abantu abaseleyo ndiza kubabulala ngekrele. Akukho namnye
uya kubaleka; akukho bani uya kusinda konke.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

2Nokuba bangade bazembele baye kutsho kwelabafileyo, ndiya kubakhupha apho. Nokuba bangade banyukele phezulu ezulwini, ndiya kubathula nalapho.

3Ndithi nokuba bangade baye kuzimela phezu kwentaba iKarmele, ndiya kubazingela nalapho, ndibakhuphe. Bangade baye kuzimela ezantsi elwandle, bazifihle kum, nalapho ndobathumela ngenyoka yaselwandle, ibadle.

4Nokuba bangade basiwe ekuthinjweni ziintshaba, nalapho ndothi mababulawe ngekrele. Ndowatsolisa amehlo am phezu kwabo, kungenganjongo yakubenzela okuhle, kodwa kungenjongo yokubenzela ububi.”

5Itsho linyibilike yakulichukumisa ihlabathi iNkosi uNdikhoyo onamandla onke, kube sisijwili kubo bonke abemi balo. Ihlabathi liya kuphakama lixele iNayile, liphinde lithothe njengaloo mlambo waseJiputa.

6Ulobhotwe lakhe lakhiw' ezulwini, amis' uphahla lwesibhakabhaka phezu komhlaba; ulobiz' amanz' olwandle awagalele phezu komhlaba – nguNdikhoyo igama lakhe.

7Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: “Kum nina maSirayeli anahlukanga nganto kumaKushe. Andithi kanene ndim lo wakhupha amaSirayeli eJiputa, amaFilistiya ndawakhulula kumaKrete namaSiriya eKire?

8Inene, ndiyiNkosi uNdikhoyo nje, ndibuqwalasele ubukumkani obonayo, ndaye ndiza kubususa ehlabathini. Phofu andiyi kuyicima kuphele indlu kaYakobi.” Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo.

9“Ukususela ngoku ndiza kuthi makahlukuhlwe ahlelwe amaSirayeli phakathi kwezizwe, kanye njengokuba ingqolowa ihlukuhlwa ihlelwe esefini, kambe akuyi kubakho lukhozo luwa emhlabeni.

10Bonke aboni phakathi kwabantu bam baza kufa ngekrele, nditsho nkqu abo bathi: ‘Intlekele ayikusihlela; ewe, ngekhe isifikele.’ ”

Ukubuyiselwa kwamaSirayeli

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11“Ngaloo mini ndiya kuwuvusa umzi kaDavide ongamanxiwa. Ndozityabeka
iimfanta zeendonga zawo, ndiwavuse loo mabhodlo, abe njengoko ayenjalo
ngaphambili.

12Abantu bam baya kuthatha umhlaba wamaEdom oseleyo, nalowo wezizwe
ezazikade zibizwa ngegama lam.” Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo, yena
oya kukwenza konke oku.

13Ewe, nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: “Kuza imihla ekuya kuthi kusavunwa
kube sekulinywa kwakhona, kuthi isatyalwa imbewu yediliya kube
sekuxovulwa. Ewe, iintaba ziya kuvuzisa incindi yeediliya, iinduli zitsho
zinyibilike.

14Ndiya kubabuyisa ekuthinjweni abantu bam amaSirayeli, bawavuse
amanxiwa ezixeko zabo, bahlale kuzo, balime izidiliya, basele iwayini yazo,
balime izitiya, badle iziqhamo zazo.

15Ndiya kubazinzisa emhlabeni wabo, bangabe babuye basuswe kuwo
umhlaba endibanike wona.” Utsho uNdikhoyo uThixo wenu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

UObhadiya

UObhadiya 1

Ukohlwaywa kwe-Edom

1Nanku umbono kaObhadiya. Ngokuphathelele kwiEdom iNkosi uNdikhoyo itsho ukuthi: Luvakele udaba oluvela kuNdikhoyo; sigalelekile ezizweni isigidimi, sisithi: “Vukani, siye kulwa naye uEdom!”

2UNdikhoyo uthi kwiEdom: “Uyabona, ndokwenza ube mncinane phakathi kwezizwe; uya kusuka udeleke mpela.

3Ikratshi elisentliziyweni yakho likukhohlisile. Wena uhlala ezimfanteni zamawa, wena ukhaya likweliphezulu, xa uzithethela uman' usithi: ‘Ngubani oya kundithula andise emhlabeni?’

4Noba ungade untinge njengokhozi, ewe, noba usezinkwenkwezini umzi wakho, nalapho mna ndiya kukuthoba.” Lowo ke ngumlomo kaNdikhoyo.

5“Xa ufikelwe ngamasela, ewe, nokuba zizihange ebusuku, aya kûba kangangoko anako, akushiyele kodwa. Nabavuni beediliya bavuna bagqibe, kushiyeke umkhwahlazo. Kodwa eyakho intshabalalo iya kugqithisa.

6Kaloku, wena Esawu, uya kugqogqwa uphengululwe, konke okwakho okunexabiso kuthinjwe.

7Oogxa bakho bokududulela emideni. Izihlobo zokukhohlisa utsho woyisakale. Abo ubusidla kunye nabo bokugcayisela, kodwa sobe uyiqonde loo nto.”

8Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: “Mhla ndamohlwaya uEdom ndozitshabalalisa izilumko zakhe, kungabikho mntu uqiqayo kwezo ntaba zakwaEsawu.

9Ke wona amadoda omkhosi waseTeman osuka arhwaqele; bonke abakwiintaba zakwaEsawu baya kunqunyulwa babulawe.

10Ngenxa yobundlobongela obenze kumntakwenu, nditsho umninawe wakho onguYakobi, ihlazo liya kukugubungela, utshatyalaliswe ngonaphakade.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

Isizathu sesohlwayo

11“Ngaloo mini wena wema bhuxe ngeli xesha utshaba luthath' ubutyebi.
Iintlanga zangena emasangweni, zenza amaqashiso ngeJerusalem, suka wena
waba njengomnye wazo.

12Akwaba ubungamdelanga umntakwenu, nditsho ngemini yakhe yelishwa.
Akwaba ubungagcobanga ngenxa kaJuda ngemini yakhe yentshabalalo.
Akwaba ubungaqholosanga mhla lalibhek' umoya kuye.

13Ngewungangenanga kumasango abantu bam ngomhla wabo
wesithwakumbe. Ngewungabajongelanga phantsi ngenkxwaleko yabo
ngemini yentlekele yabo. Ngewungabuxhaphazanga ubutyebi babo ngomhla
weshwangusha labo.

14Akwaba ubungemanga eziphambukeni ukuze unqakule iimbacu zabo.
Amasalela ngewungawanikelanga elutshabeni mhla kwakugos'
okwaphukayo.”

UThixo uza kuzohlwaya izizwe

15“Ewe, kuzo zonke izizwe imini kaNdikhoyo isondele. Loo nto uyenzileyo,
wena Edom, iya kubuya yenziwe nakuwe; isikhuni siya kubuya nomkhwezeli.

16Njengoko nina nayisezwayo ibhekile yesohlwayo entabeni yam engcwele,
ngokunjalo nezinye izizwe ziya kuyisezwa, phofu ziyisele zingayeki. Ewe,
ziya kusela zibimbilize, zide zibe ngathi zange zabakho.”

Ubukumkani boba bobukaNdikhoyo

17“Ke kwintaba iZiyon kuya kubakho abasindileyo; yona yobuya ibe yindawo
engcwele. Indlu kaYakobi iya kulixhamla ilifa layo, libe sezandleni zayo.

18Indlu kaYakobi iya kuba ngumlilo, indlu kaJosefu ibe lidangatye. Ke yona
ekaEsawu ibe ngumququ, bayintumeke umlilo itshe iphele. Akusayi kubakho
masalela kule ndlu kaEsawu mpela-mpela.” Etshilonje uNdikhoyo, utshilo.

19“Ke zona iintaba zakwaEsawu zomiwa ngabantu belasezantsi; ke bona
abakumazantsi eentaba beme kumhlaba wamaFilistiya. Bowuthatha umhlaba
kaEfrayim nowaseSamariya, abakwaBhenjamin beme eGiliyadi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

[20]Iimbacu zamaSirayeli ziya kuyithimba iKanana ziye kutsho eZarefa, iimbacu zaseJerusalem eziseSefaradi zithimbe iidolophu zelasezantsi.

[21]Abahlanguli bophuma eZiyon, bazilawule iintaba zakwaEsawu, ubukumkani bube bobukaNdikhoyo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

UJona

UJona 1

Ukubaleka kukaJona

1Ke kaloku ilizwi likaNdikhoyo lafikela uJona unyana ka-Amitayi, lisithi:

2“Hamba uye kweso sixekokazi siyiNiniva, usishumayeze, kuba inkohlakalo yaso seyide yaza kufika nakum.”

3Kambe ke yena uJona wambaleka uNdikhoyo, wasabela eTashishe. Wehla waya eJopa, apho wafumana inqanawa eya eTashishe. Akuba ke eyihlawule imali yendlela, wakhwela wasinga eTashishe, ebaleka uNdikhoyo.

4Ke kaloku uNdikhoyo wathumela umoyakazi omkhulu apho elwandle; yaba sisaqhwithi esayitsho yasemngciphekweni wokuqhekeka inqanawa leyo.

5Abaqhubi benqanawa leyo baphakuzela, yangulowo nalowo wakhala kuthixo wakhe. Umthwalo wenqanawa bawuphungulela elwandle, bezama ukuba ibe khaphukhaphu. Ke yena uJona wayesuke wehla wangena kumagumbi asezantsi, walala obentlombe.

6Ingqwayi-ngqwayi yenqanawa leyo ke yaya kuye, yafika yathi: “Ngani ukuba ulale, thongorhandini? Vuka, ubize uThixo wakho! Mhlawumbi angasikhumbula, size singatshabalali.”

7Ke bathi omnye komnye: “Yizani senze amaqashiso ukuze sibhaqe lo mntu ungunobangela wale ntlekele.” Benjenjalo ke, laza iqashiso laphuma noJona.

8Baza ke bathi kuJona: “Khawutsho! Ngubani unobangela wale ntlekele? Uzokwenza ntoni apha? Khona, uvela phi? Liphi ikowenu? Ungumni kakade?”

9UJona waphendula wathi: “Mna ndingumHebhere. Ndinqula uNdikhoyo uThixo wamazulu, lo udale ulwandle kunye nomhlaba.”

10Ke kaloku loo madoda othuka gqitha, kuba uJona wawachazela ukuba elapho nje ubaleka uNdikhoyo, aza athi kuye: “Yintoni na le uyenzileyo?”

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Ke lona ulwandle lwaqhubela phambili ukulwa. Baza ke bathi kuJona:
“Masenze ntoni ngawe ukuze ulwandle luzole?”

12UJona waphendula wathi: “Ndifunquleni nindiphose elwandle, ukuze
luzole. Kaloku ndiyaqonda ukuba ndim lo unizisele olu qhwithela.”

13Kambe ke abaqhubi bazama kangangoko ukuyisa elunxwemeni inqanawa
leyo. Kodwa ke nelo icebo lafadalala kuba ulwandle lwaya luthatha unyawo
ngokulwa.

14Badanduluka kuNdikhoyo ke bathi: “Awu, Ndikhoyo, uze ungasohlwayi
ngenxa yokufa kwale ndoda. Uze ungalibizi kuthi igazi elimsulwa. Kaloku
yonke le nto ikholeke kuwe, Ndikhoyo.”

15Amfunqula ke uJona, amphosa elwandle, lwaza ke ulwandle olulwayo
lwadamba.

16Le nto ke yawatsho amhlonela uNdikhoyo loo madoda, aza amenzela idini,
enza nezibhambathiso kuNdikhoyo.

17Kambe ke uNdikhoyo wayalela intlanzi enkulu, yaza yamginya uJona.
Wahlala apho kuyo ke iimini ezintathu nobusuku bazo.

UJona 2

UJona uyathandaza

1Elapho embilinini waloo ntlanzi uJona wathandaza kuNdikhoyo uThixo
wakhe,

2wathi: “Ekubandezelekeni kwam ndakhala kuNdikhoyo, waza ke yena
wandiphendula. Ndakhala ndisemathunjini engcwaba, waza ke wena waliva
ilizwi lam.

3Wena wandiphosa enzonzobileni, phakath' enzulwini yolwandle, yaza ke
imisinga yandigubungela, amaza akho alatyuza andisibekela.

4Ndathatha ndibeka ndisithi: ‘Ndigxothiwe phambi kwakho.’ Noko ke
ndobuya ndiyikhangele indlu yakho engcwele.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5Andigubungela phants' andirhaxa amanzi, ndathi zwabhabha enzonzobileni.
Izityalo zolwandle zayithandela intloko yam.

6Ndatshona ndehla mpela, ndee xhaxhe ngeengcambu zeentaba. Ndafika
nakwelo lizwe elivalwe mfamlibe ngemivalo. Ke wena, Ndikhoyo Thixo wam,
wandibuyisa ndiphilile kwelo ngcwaba.

7“Ndithe ndakubona ukuba ubomi bam buyacutheka, suka ndakukhumbula
wena, Ndikhoyo, umthandazo wam wanyukela kuwe, waya kutsho endlwini
yakho engcwele.

8Kambe ke, abazilibazisa ngezithixo ezingento yanto, balahlekana nenceba
yakho.

9Ke mna ndonikela kuwe ngedini, ndihlabele iculo lokukudumisa.
Ndosifezekisa isibhambathiso sam. Usindiso lukuNdikhoyo.”

10Ke kaloku uNdikhoyo wayiyalela intlanzi, yaza yamhlanza uJona emhlabeni
owomileyo.

UJona 3

UJona uya eNiniva

1Liphinde lafika ilizwi likaNdikhoyo kuJona, lisithi:

2“Hamba uye kweso sixekokazi siyiNiniva, ufike ushumayele olu daba
ndikunike lona.”

3Ke uJona walithobela ilizwi likaNdikhoyo, waya eNiniva. INiniva le
ibisisixeko esikhulu gqitha. Bekumthatha umntu iintsuku ezintathu
ukuphumela kuyo.

4Ke kaloku uJona waluqala uhambo lwakhe kweso sixeko. Akuba ehambe
imini yonke wadanduluka wathi: “Yoba ziintsuku ezimashumi mane kuphela,
itshatyalaliswe iNiniva.”

5Abo bantu baseNiniva balwamkela olo daba lukaThixo. Ngoko ke bamisela
inzila, baza bonke abantu, kuqalela komdala kuye komncinane, bavatha
ezenzila.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6Akuyiva le nto ukumkani wakhona waphuma ebhotwe, umnweba wakhe
wawuthi tya phaya, wanxiba ezenzila, wahlala eluthuthwini.

7Waza ke wakhupha isaziso esithi: “Nasi isaziso esigunyaziswe ngukumkani
namaphakathi: Makuzilwe, kungabikho mntu okanye silwanyana ongcamla
nantoni na, nditsho iinkomo nempahla emfutshane. Ewe, makungatyiwa nto,
kungàselwa namanzi.

8Abantu nemfuyo mabavathe ezenzila. Bonke mabakhale kuThixo ngamandla,
bahlukane neendlela zabo ezimbi nogonyamelo lwabo.

9Mhlawumbi uThixo angayijika ingqondo yakhe, abuye nganeno
ngengqumbo yakhe, size ke thina singatshabalali.”

10Ke kaloku uThixo wasibona isenzo sabo nokwahlukana kwabo neendlela
zabo ezimbi. Ngoko ke uThixo wayijika ingqondo yakhe, akabi
sabatshabalalisa njengoko wayezimisele.

UJona 4

Ukucaphuka kukaJona nenceba kaThixo

1Ke kaloku esi sehlo samkhathaza uJona, wacaphuka gqitha.

2Wathandaza kuNdikhoyo esithi: “Kwowu, Ndikhoyo, le nto yileya
ndayithethayo kwandisesekhaya. Kwakungenxa yayo ndakhawulezayo
ukubalekela eTashishe. Bendisazi ukuba wena unguThixo onesisa nenceba,
uThixo oza kade umsindo nonobubele obukhulu, uThixo oyijikayo ingqondo
yakhe asiyeke isohlwayo.

3Ngoko ke ndiyakubongoza, Ndikhoyo, buthathe ubomi bam, kuba kum
ukufa kungcono kunokudla ubomi.”

4UNdikhoyo waphendula wathi: “Unaso na isizathu sokuba uqumbe?”

5Ke kaloku uJona waphuma waya empuma yeso sixeko, waza ke wahlala
phantsi. Wazakhela iphempe, waza wahlala emthunzini walo ukuze ayibukele
kakuhle loo nto yayiza kwehla apho eNiniva.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6Ke uNdikhoyo uThixo wamisela umthi ukuba ukhule apho ecaleni kwakhe
ukuze umenzele umthunzi, ukhusele intloko yakhe, iyenze ibe bhetele imeko
yakhe. Ke uJona wawuvuyela gqitha loo mthi.

7Kambe ke ekuseni ngengomso uThixo wawuthumela ngombungu loo mthi,
wawugrenya watsho wabuna.

8Lithe ke lakuphuma ilanga uThixo wathumela umoya wasempuma
onolophu, laza lanqanqaza ilanga phezu kwentloko kaJona. Kwanzima kuye;
phantse wayoba. Watsho wanqwenela ukufa, wathi: “Kungcono ukuba ndife
kunokuba ndidle ubomi.”

9Ke kaloku uThixo wathi kuye: “Unaso na isizathu sokuba uqumbe ngenxa
yalo mthi?” UJona wathi: “Ndifanele ukuvutha ngumsindo, nditsho onokude
undise ekufeni!”

10UNdikhoyo wathi kuye: “Lo mthi uwukhathalele ngani, ungakhange
ubulaleke nje ngawo, futhi ungakhuliswanga nanguwe? Lo mthi ukhule
ngobusuku, wabuya wafa kwangobusuku.

11Ke, uthi kukangakanani kum mayela nesi sixekokazi siyiNiniva? Uthi
mandingavelani naso ngoku sinabantu abangaphezu kwekhulu elinamashumi
amabini lamawaka, abangekawazi umahluko phakathi kwesandla sasekunene
nesasekhohlo, kwakunye ke nemfuyo eninzi?”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

UMika

UMika 1

Intshayelelo

1Nali ilizwi likaNdikhoyo elafikela uMika waseMoreshete ngemihla
kaJotam noAhazi noHezekiya, ookumkani bakwaJuda, awalibonayo
ngokusingisele kwiSamariya neJerusalem:

ISamariya neJerusalem

2Yivani, nina nonke zizwe; phulaphulani, mhlaba nabo bonke abemiyo kuwo.
UNdikhoyo uSomandla unika ubungqina ngawe; yena uthetha esendlwini
yakhe engcwele.

3Nanko ephuma ekhayeni lakhe; ewe, nanko esiza ehamba ezindaweni
eziphakamileyo.

4Uya kunyathela iintaba zitsho zinyibilike, zibe ngathi ngumthwebeba
emlilweni. Uya kunyathela iintili zitsho zimke, kube ngathi kuhl'
iimpuphuma zamanzi ethambekeni –

5nto leyo ihla ngenxa yobugwenxa bukaYakobi; ewe, le nto ingenxa yesono
sendlu kaSirayeli. Bubugwenxa buni obu bukaYakobi? AsingoSamariya na?
Yiyiphi indawo ephakamileyo yokukhonza izithixo kwaJuda? AsiyoJerusalem
na?

6“Ngoko ke iSamariya ndoyitsho ibe yimbuqe, ibe yintili yokutyala isidiliya.
Loo matye ayo ndowaphosa entilini, iziseko zayo zisale zize.

7Imifanekiso eqingqiweyo yezithixo zakhona yoba ziingceba; iminikelo
kwindlu yokunqula yotshiswa ngomlilo. Ndoyitshabalalisa imifanekiso
yezithixo. Kaloku izuzwe ngobuhenyu; yophinda ke ibuyele kwakubuhenyu
bengqesho.”

Isililo

8Ngesi ke isizathu ndobhomboloza ndikhale; ndohamba ndinganxibanga
zihlangu, ndizé, nditsho ngomkhulungwane ngathi ngudyakalashe,
ndigqumshele ngathi yinciniba.

© 1996 Bible Society of South Africa.

9Kaloku inxeba leSamariya alinyangeki, ngoku selisosulela noJuda lo.
Selikumasango abantu bam; ewe, kwiJerusalem ngenkqu.

10Le nto ze ningayibiki eGati; ze ningakhe nigixe konke-konke. Ze nizibhuqa-
bhuqe eluthulini eBhete-leafra.

11Dlulani nihamba zé nilihlazo, nina bemi baseShafire. AbaseZanan abacingi
baphume. IBhete-ezele ikwinzilo; akukho ndawo isondele kuyo
yokuzikhusela.

12AbaseMaroti bayapena-pena ziintlungu, belangazelela okulungileyo, kuba
isithwakumbe sivele kuNdikhoyo, sathi gaxa kumasango eJerusalem.

13Nina bemi baseLakishe, bophelan' amahash' enqwelweni. Yaba nini
abangcamli besono, neZiyon nayikhokelela kwakuso; ubugwenxa
bukaSirayeli bufunyenwe kuni.

14Nangoku nab' izipho zokwahlukana, ninikezele kwiMoresheti yaseGati.
IAkezibhi yona ngumkhohlisi; ibagqibile ookumkani bakwaSirayeli.

15Ke nina, bemi baseMaresha, ndiya kunizisela oya kunidla ilifa. Yena lowo
usisidima sikaSirayeli uza kufika eAdulam.

16Zilani nigugule nitsho ngeenkqayi ngenxa yabantwana enibathandayo.
Chengezelisani ngeempandla ngathi lixhalanga; kaloku baza kuthathwa
basiwe ekuthinjweni.

UMika 2

Isohlwayo sabacinezeli

1Mawoo ke, nina baceba ububi – nditsho nina bayila inkohlakalo
kwiimandlalo zenu! Kwakusa benza loo nkohlakalo, kuba kaloku isemandleni
abo.

2Bakunqwenela intsimi bayayohlutha; bakubawela indlu bayayoxutha. Umzi
womntu bawuthatha ngobuqili, ilifa lomfo liphelele kubo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Ngoko ke utsho uNdikhoyo ukuthi: “Ndiniqulunqela isithwakumbe, bantundini; aningekhe nibe nako ukusinda kuso. Soze nibe sahamba ngebhongo, kuba koba kugos' okwaphukayo.

4Ngaloo mini niya kuba sisigculelo, baphoxise ngani ngelenzila iculo, besithi: ‘Basivuthulule satshabalala mpela; balahlula-hlule ilifa labantu bam. UNdikhoyo ulithathile kuthi walinikela kwabo bangabavukeli.’ ”

5Ngoko ke akuyi kubakho mntu, nditsho ebandleni likaNdikhoyo, oya kwaba umhlaba ngeqashiso.

Abashumayeli abakhohlisayo

6Abashumayelayo bathi: “Hayi, musa ukushumayela! Sukushumayela ngayo le nto; akukho hlazo liya kusihlela.”

7Ndlu kaYakobi, ngani ukuba kuthiwe: “Ngaba uMoya kaNdikhoyo ukhathazekile? Uthi angazenza izinto ezinjalo?” “Akazali buhle na amazwi am kwabo bahamba ngokuthe ngqo?

8Abantu bam basand' ukundivukela oku kotshaba. Abo badlulayo bengacingele nto, oku kwamajoni avela emfazweni, nibahluba izambatho zabo ezingayiwayo.

9Niyabagxotha abafazi bakowethu, bemke emizini elibhongo labo. Abantwana babo nibohlutha intsikelelo yam, bangaze bayifumane naphakade.

10Yithi thwas' uhambe, kuba le asiyondawo yakuphumla. Ewe, le ndawo ixabhelekile; ifikelwa yintshabalalo engenakunqandwa.

11Ukuba kufika ixoki lomkhohlisi lisithi: ‘Mna ndishumayela indyebo; yoba yindyikityha yewayini notywala;’ yena woba ngoyena mshumayeli ulungileyo kwaba bantu!”

Ukubuyiswa kwamasalela

12“Ngenene ndoniqokelela nonke, nzala kaYakobi; ewe, ndowahlanganisela ndawonye amasalela kaSirayeli. Ndonidibanisela ndawonye ngathi ziigusha

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

esibayeni. Oku komhlambi osedlelweni baya kuxokozela ngokuba baninzi kwabo abantu.

13Uvulindlela wohamba phambi kwabo; botyhoboza baphume esangweni. Ukumkani woba yena ekhokele, uNdikhoyo ngokwakhe abe yintloko yabo.”

UMika 3

Kugxekwa iinkokheli zakwaSirayeli

1Suka ke mna ndathi: “Phulaphulani, zinkokheli zakwaYakobi, nani balawuli bendlu kaSirayeli. Beningafanele na ukubuqonda ubulungisa?

2Kambe ke, nibuthiyil' ubulungisa, nithand' ububi. Abantu bam nibahlubulula ulusu, nibabhunyule inyama emathanjeni.

3Ewe, abantu bam nibadla ngathi bayinyama, nibahlube ulusu lwabo, amathambo abo niwakroboze, nibanqunqe oku kwenyama elungele imbiza, ngathi yinyama eza kuphekwa ngongxawu.”

4Boba ngakhala ke kuNdikhoyo asuke yena angabaphenduli. Ngelo xesha yena uya kubafulathela ngenxa yobubi ababenzileyo.

5Ngokusingisele kubashumayeli abalahlekisa abantu bakowethu, abalilisela ngoxolo kwabo babanika ukutya, ukanti kwabo bangabanikiyo sele bequlele imfazwe, utsho uNdikhoyo ukuthi:

6“Ngoko ke ubusuku buya kunigubungela, ningabi namibono; kuya kuba mnyama, ningabi satyhilelwa nto. Abashumayeli botshonelwa lilanga, nemini isuke ixubayele.

7Iimboni ke zona ziya kuhlazeka, oosiyazi baphoxeke. Baya kuba zizishwayimbana, babufihle ubuso, kuba bengaphendulwa nguThixo.”

8Ke mna okokwam ndomelele; uMoya kaNdikhoyo uyandongamela, undithe jize ngobulungisa namandla, ukuze ndixelele uYakobi ubugwenxa bakhe, uSirayeli ndimbonise isono sakhe.

9Yivani, zinkokheli zendlu kaYakobi, nani balawuli bendlu kaSirayeli, nina babuthiyileyo ubulungisa, nina bagqwethi bolungelelwano.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10IZiyon niyakha ngobutyadidi begazi; iJerusalem niyiseka ngenkohlakalo.

11Iinkokheli zayo zisebenza ngenxa yokunyotywa; ababingeleli basebenzela inzuzo, nabashumayeli benza izityhilelo khon' ukuze bazuze imali, kodwa bayame ngoNdikhoyo besithi: “UNdikhoyo ukho phakathi kwethu. Ngekhe sihlelwe bububi mpela.”

12Ngoko ke, ngenxa yenu, iZiyon yolinywa njengentsimi, iJerusalem yona ibe ngamabhodlo; ke yona intaba yendlu kaThixo ibe ngummango wamahlathi.

UMika 4

Uxolo olungaphele ndawo

(Isaya 2:1-4)

1Ke kaloku ngemihla yokugqibela intaba emi kuyo indlu kaNdikhoyo iya kuba yeyona ibalaseleyo, izikrobele zonke iinduli; nabantu baya kugxalathelana ukuya kuyo.

2Ewe, izizwe ezininzi ziya kuza zithi: “Yizani siye entabeni kaNdikhoyo, endlwini kaThixo kaYakobi. Yena wosifundisa iindlela zakhe, ukuze thina sihambe ngazo.” Kaloku umthetho wophuma eZiyon, liphume eJerusalem ilizwi likaNdikhoyo.

3Nguye oya kugweba phakathi kwabantu, abe ngumlamli phakathi kwezizwe ezikude nezomeleleyo, wona amakrele awenze amakhuba, yona imikhonto ibe zizitshetshe zokuthena imithi. Kaloku izizwe soze ziphinde ziqulelane ngamakrele, zingasayi kuze ziphinde ziqeqeshelwe imfazwe.

4Bonke ngabanye bophumla phantsi kwemidiliya yabo, umntu ahlale phantsi komkhiwane wakhe, kungekho namntu uya kuboyikisa. Kaloku uthethile uNdikhoyo uSomandla.

5Zonke izizwe ziya kuhamba emagameni oothixo bazo; ke thina siya kuhamba egameni likaNdikhoyo uThixo wethu nanini nanini.

Ukubuya ekuthinjweni

6Umlomo kaNdikhoyo uthi: “Ngaloo mini ndiya kuziqokelela neziqhwala, neembacu ngokwazo ndizihlanganise, ngokunjalo nâbo ndibabandezeleyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

7Iziqhwala ndozenza amasalela, iimbacu zibe sisizwe esomeleleyo,
uNdikhoyo abalawule kwintaba iZiyon kusukela ngaloo mini kuse
ephakadeni.

8Ke wena, nqaba yemboniselo yomhlambi, wena nduli, ntombindini eyiZiyon,
wowubuyiselwa umbuso wamandulo; ewe, ubukhosi bobuyiselwa kwintombi
eyiJerusalem."

9Ngani ke ukuba ubhomboloze? Ngaba akunaye ukumkani? Ngaba akusenalo
na iphakathi, sowupena-pena nje ngoku ngathi ngumfazi efunyenwe
yinimba?

10Pinyalaza uncwine, ntombindini eyiZiyon, ube ngathi ngumfazi mhla
ngenimba, kuba uyaphuma ngoku kwesi sixeko. Uza kuhlala empenge-
mpengeni. Uza kuya kwelaseBhabheli apho uya kuhlangulwa khona. Uya
kukhululwa nguNdikhoyo khona, akukhuphe esandleni seentshaba zakho.

11Ngoku ke zininzi izizwe ezihlanganisene ngawe. Zithi: "Ewe, mayixabheleke
iZiyon, amehlo ethu akubone oko."

12Kodwa ke bona abazazi iingcinga zikaNdikhoyo, necebo lakhe abaliqondi.
Yena ubaqokelela njengezithungu ingqolowa xa isiya kubhulwa.

13"Vuka kaloku ubhule, ntombindini iyiZiyon! Ndokunika iimpondo ezingathi
yintsimbi, ube neempuphu ezinjengobhedu, izizwe ezininzi uzinyhashe zibe
ziintsali, uze loo ngeniso yazo yobutshijolo uyinikele ibe yekaNdikhoyo,
ubutyebi bazo buye kwiNkosi yehlabathi lonke."

UMika 5

Umlawuli oya kuphuma eBhetelehem

1Hlanganisa umkhosi, wena sixeko sihlaselwayo! Kaloku thina basingqingile.
Ke yena umlawuli kaSirayeli baya kumbetha ngentonga esidleleni.

2"Kambe ke nawe, Bhetelehem yase-Efrata, udeleke unjalo kwizindlu
zakwaJuda, kanti ke kwalapha kuwe ndiza kuvelisa lowo uya kuba

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ngumlawuli kaSirayeli, omveli yakhe isukela kwamandulo, kwimihla yasephakadeni.”

3Ke uSirayeli yena uya kulahlwa ade ke lowo ulunywayo abeleke, ke bona abantakwabo babuye beze bazibandakanye namaSirayeli.

4Uya kumiselwa ukwalusa umhlambi, enamandla kaNdikhoyo, enobungangamsha begama likaNdikhoyo uThixo wakhe. Ewe, bona bohlala bekhuselekile kuba kaloku ubungangalala bakhe bofikelela nakwiziphelo zehlabathi.

5Kaloku yena uya kuzisa uxolo.

Ukuhlangulwa nokutshatyalaliswa

Xa ama-Asiriya elihlasela ilizwe lethu, egaleleka kwiinqaba zethu, sowakhuphela isixhenxe sabelusi – hayi, yoba sisibhozo samatshawe.

6Ilizwe laseAsiriya aya kulilawula ngekrele, elakwaNimrode alilawule ngamakrele angxashiweyo. Yena uya kusihlangula kuma-Asiriya xa wona ehlasela ilizwe lethu, xa wona engqisha kwimida yethu.

7Amasalela kaYakobi oba phakathi kwezizwe ezininzi; oku kombethe ovela kuNdikhoyo, oku komvimbi engceni; kaloku wona awujongi mntu, wona awubalindi oonyana babantu.

8Amasalela kaYakobi oba phakathi kweentlanga – ewe, wona aya kuhlala phakathi kwezizwe ezininzi – oku kwengonyama phakathi kwamarhamncwa ehlathini, oku kwethole lengonyama phakathi kwemihlambi yeegusha – nditsho elihamba linyhasha, liqwenga-qwenga kungekho mhlanguli.

9Isandla sakho siya kuboyisa ababandezeli bakho, uzitshabalalise zonke iintshaba zakho.

10Umlomo kaNdikhoyo uthi: “Ngaloo mini ndowatshabalalisa amahashe akho, neenqwelo zakho ndizifohloze.

11Ndiya kuzivuthulula izixeko zelizwe lakho, ke zona iinqaba ndizibhodloze.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Ndiya kuziphuthisa izixhobo zemilingo ezisesandleni sakho, ungabi saba
nabo abantu abavumisayo.

13Ndoyitshabalalisa imifanekiso eqingqiweyo neentsika zonqulo eziphakathi
kwenu. Akuyi kuba saguqa kumsebenzi wezandla zakho.

14Ndozincothula neentsika zika-Ashera phakathi kwenu; izixeko zakho zona
ndizibhodloze.

15Ndiya kuziphindezela ndinomsindo nengqumbo kwezo zizwe
zingandithobelanga."

UMika 6

UNdikhoyo umangalela amaSirayeli

1Phulaphulani oko uNdikhoyo akuthethayo: "Phakama uxoxe, zive neentaba;
neenduli mazilive ilizwi lakho.

2Kuveni ukubambana kukaNdikhoyo, zintaba. Phulaphulani, ziseko
ezingatshitshiyo zehlabathi. UNdikhoyo ubabeka ityala abantu bakhe; ewe,
ubeka isityholo kuSirayeli.

3"Ngaba ndinenze ntoni, bantu bam? Kodwa-kodwa ndinidinise ngantoni?
Hayi kaloku, ndiphenduleni!

4Andithi ndanikhupha kwelaseJiputa; ndanikhulula kwilizwe lobukhoboka;
ndaninika uMosis ukuba anikhokele, enoAron noMiriyam?

5Bantu bam, senikulibele na ukucetyiswa kukaBhalaki ukumkani
waseMowabhi? Aniyikhumbuli na impendulo kaBhalam unyana kaBhehore?
Zona izigigaba zaseShitim naseGiligali? Yiqiqeni imisebenzi elungileyo
kaNdikhoyo."

Oko uNdikhoyo akufunayo emntwini

6Ndoya nantoni kodwa phambi koNdikhoyo? Ndokhahlela ndinantoni
kuThixo uPhezukonke? Ngaba ndoya namadini atshiswayo, ndiye namathole
anyaka mnye?

© 1996 Bible Society of South Africa.

7Ngaba uNdikhoyo wokholiswa na ngamawaka-waka eenkunzi zeegusha,
nangawo amawaka alishumi emilambo yamafutha omnquma? Ubugwenxa
bam ndingabungxengxezela na ngezibulo lam, isono sam ngesiqhamo
somzimba wam?

8Ukuxelelwe, mntundini, oko kulungileyo – nditsho oko uNdikhoyo
akufunayo kuwe: kukwenza ngobulungisa, uthande ububele, uhambe
ngokuthobileyo kunye noThixo wakho.

9UNdikhoyo ubhekisa ilizwi lakhe esixekweni. Bubulumko ukuthobela igama
lakhe. Yigqaleni intonga yakhe nalowo wayimiselayo.

10“Soze ndibulibale, ndlundini yenkohlakalo, ubutyebi obuzuze
ngobuqhopholo. Ziqalekisiwe izilinganiso zakho zobuqhetseba.

11Andimxoleli umntu osikali sinexanasi, osebenzisa amatye okuveyisha
anenkohliso.

12Izinhanha zakho zizibhoja, kanti abantu bakho bayaxoka, batsho ngolwimi
olukhohlisayo.

13Ngoko ke ndiqalile ukukutshabalalisa; ndokutshitshisa ngenxa yezono
zakho.

14Uya kuba ngatya, unganeliseki; isisu sakho sosala sithe nca. Uya kuba
ngabeka, kungagcinakali nto; oovimba bakho bochithwa yimfazwe.

15Uya kuba ngalima, tu isivuno. Uya kuwukhama wona umnquma kodwa
ungaze ube nawo amafutha. Uya kuyixovula yona idiliya, kodwa soze usele
wayini.

16Kaloku ulandele imikhuba kaOmri, uhamba ngezenzo zendlu ka-Ahabhi.
Ewe, uthene nca nezithethe zabo. Ngoko ke ndosuka ndikutshabalalise,
abantu bakho bona babe yintlekisa. Uya kukuthwala ukungcikivwa kwabantu
bam.”

UMika 7

Ubugxwayiba bamaSirayeli

© 1996 Bible Society of South Africa.

1Mawoo! Hayi ubugxwayiba endikubo! Sendifana nokhwahlaza iziqhamo,
obhikica esidiliyeni ehlotyeni. Phi ke? Akukho nesihloko esi seediliya sokuba
nditye! Akusekho neli lolibo ikhiwane!

2Akasekho amadoda anyanisekileyo emhlabeni; amadoda athe ngqo suka athi
shwaka. Akhoyo alalela ukuphalaza igazi; elowo uzingela umntakwabo
ngomnatha.

3Izandla zabo zozibini zinobuchule ekwenzeni ububi. Ooziphathamandla
bafunana nezicengo. Abalawuli bathe thwanga kukunyotywa. Izikhulu
zifezekisa iminqweno yazo. Ewe, badibene ngokufutha amayelenqe.

4Noyena ubalaseleyo kubo nqwa nokhula; kunoyena uthembekileyo
kubhetele kwabobo. Ngoku igalelekile imini yesohlwayo; yiphaphele oku
komlindi. Eli ngoku lixesha lokudideka kwabo.

5Musa ukuthembela ngommelwane. Hayi, sukubambelela kumhlobo. Ewe
ngenene, wabale amazwi akho, nditsho nkqu nakulowo ulele esifubeni sakho.

6Kaloku noonyana bayabadela ooyise; iintombi zivukelana nabo noonina;
umolokazana uvukelana nonina-zala; iintshaba zomntu zoba ngabendlu
yakhe.

7Kambe ke mna ndijonge kuNdikhoyo; ewe, ndikholosa ngoThixo olusindiso
lwam. UThixo wam yena uya kundiva.

Ukuphakanyiswa kukaSirayeli

8Nina zintshaba, sanukundivuyelela. Nakuba ndiwile nje ndobuya ndivuke.
Ndingade ndibe ngathi ndisebumnyameni kodwa yena uNdikhoyo
kukukhanya kwam.

9Kaloku ndimonile uNdikhoyo. Ngoko ke ndoyithwala ingqumbo yakhe, ade
ke abuye andithethelele, abuye andilungisele. Yena wondibeka ekukhanyeni,
nditsho ndibubone ubulungisa bakhe.

10Notshaba lwam lotsho lubone; luya kwambathiswa lihlazo. Nditsho olo
belufudula lusithi kum: “Ude abe phi na lo Ndikhoyo unguThixo wakho?”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Ewe, amehlo am aya kukubona ukuwa kwalo, lunyhashwe ngeenyawo okodaka ezitalatweni.

11Iyeza imini yokwakhiwa kweendonga zakho. Ngaloo mini iya kwandiswa imida yakho.

12Ngaloo mini baya kufika bevela eAsiriya nakwizixeko zaseJiputa, bethabathela eJiputa, bade baye kutsho kumlambo iEfrati, bephuma elwandle, bee xhaxhe ngolunye ulwandle, bethabathela entabeni, baye kuthi gaa ngenye intaba.

13Lo mhlaba wona woba yinkangala; ewe, ngenxa yabemi bawo, nangenxa yezinto abazenzileyo.

Uvelwano lukaNdikhoyo

14Ewe, Ndikhoyo, baluse abantu bakho; ngaloo ntonga yalusa ilifa lakho, elo ke lizihlalela emahlathini kuloo madlelo mahle kunene. Mabatye eBhashan naseGiliyadi; ewe, mabadle ngendeb' endala.

15“Njengakwimihla yokuphuma kwenu eJiputa ndobabonisa imimangaliso yam.”

16Izizwe zothi zingabona zinyoshoze nakuba bezisakuba namandla. Zosuka ke zibamb' ongezantsi, zithi ti, zivingcek' iindlebe.

17Zosuka zity' uthuli njengeenyoka; zofana nezidalwa ezirhubuluzayo, eziphuma emingxunyeni zingcangcazela. Ziya kunkwantya phambi koNdikhoyo uThixo wakho, zitsho zoyike ngenxa yakho.

18Kodwa nguwuphi uThixo onjengawe? Nguwuphi oxolela ubugwenxa, angazihoyi iziphoso zamasalela elifa lakhe? Wena akuhlali uqumbile ngonaphakade; kaloku uyimvuze-mvuze bububele.

19Nangoku wobuya uvelane nathi, izono zethu uzinyathele ngeenyawo, uzilahle lee iziphoso zethu, uzintywilisele enzulwini yolwandle.

© 1996 Bible Society of South Africa.

[20]Wena uya kunyaniseka kuYakobi, uya kubuya ngenceba kuAbraham,
njengoko wabhambathisayo ngesifungo koobawo, kudala-dala ngemihla
yamandulo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

UNahum

UNahum 1

Isingeniso

1Le yincwadi yombono kaNahum wase-Elkoshe. Ludaba olundilisekileyo olumayela neNiniva.

Umsindo kaNdikhoyo ngenxa yeNiniva

2 UNdikhoyo nguThixo onekhwele nophindezelayo. UNdikhoyo ngumbuyekezi; yena ngumalawul' inqumbo. Ewe, uyaziphindezela kwabamchasayo; ingqumbo yakhe ihlala ihleli kwiintshaba zakhe.

3Umsindo kaNdikhoyo uza kade, kodwa ke yena ngumandla-makhulu. Umntu owonileyo akaphuncuki kwisohlwayo sakhe. Indlela yakhe sisivungu-vungu noqhwithela; amafu luthuli lweenyawo zakhe.

4Ulwandle ulukhalimela lome qoko, imilambo itshe ikhotheke. IBhashan neKarmele iyatshaza; iintyatyambo zaseLebhanon ziyeketheke.

5Phambi kwakhe iintaba ziyaqhaqhamba; ke zona iinduli zitsho zinyibilike. Akuvela umhlaba uyarhwaqela, ngokunjalo nehlabathi nabemi balo.

6Ngubani onokumelana nengqumbo yakhe, ingubani onokujongana nomsindo wakhe ovuthayo? Ingqumbo yakhe iphokoka njengomlilo; phambi kwakhe namawa ayaqhaqheka.

7Ewe, uNdikhoyo ulungile: ungumqolomba ngamaxesha eenkathazo; ubakhathalele abo bathembele kuye.

8Ngeempuphuma ezikhukhulisayo uyayigubungela iNiniva, aye kuzitshonisa ebumnyameni iintshaba zakhe.

9Nimjikeleza ngantoni uNdikhoyo? Wosuka yena anitshabalalise; inkathazo soze iphindelele.

10Noba sebebhijeleke okobobo, noba sebemanzi ngokwamanxila, bofana nomququ owomileyo, bovutha baphele kuthi nya.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Apho kuwe kuthe gqi umfo owenzela uNdikhoyo ubugwenxa, umfo ofutha
inkohlakalo.

12Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Nangona bomelele beyinyambalala, baya
kunqanyulwa bathi shwaka. Nangona ndakubandezelayo, Juda, ngoku andiyi
kuphinda.

13Idyokhwe yabo ndiza kuyaphula; ewe, ndoyisusa entanyeni yakho,
ndiziqhawule iimbophelelo zakho.”

14UNdikhoyo umisele umyalelo ngawe, Niniva: “Wena akuyi kuba
nasizukulwana; igama lakho aliyi kuhlwayeleka. Ndoyitshabalalisa
imifanekiso eqingqiweyo netyhidiweyo apho kuloo ndlu yothixo wakho.
Sendikumbela ingcwaba, kuba uphuthile.”

15Khawukhangele phaya ezintabeni; nazo iinyawo zalowo uzisa iindaba
ezimnandi, lowo uvakalisa uxolo. Xhamlani imibhiyozo yenu, maJuda;
zifezekiseni izibhambathiso zenu. Anisayi kuphinda nihlaselwe sisikhohlakali;
sona sitshatyalaliswe kwaphela.

UNahum 2

Ukuwa kweNiniva

1Nanko umchitha-chithi esiza, Niniva! Khusela inqaba yakho! Nendlela
mayihlale yalusiwe. Xhoba uhlale ugcisile. Yomelela uzimisele kangangoko!

2 UNdikhoyo uyasibuyisa isidima sikaYakobi; ewe, uyasibuyisa isidima
sikaSirayeli, nakuba iintshaba zambhukuqayo, zatshabalalisa nesidiliya
sembala.

3Amakhaka amajoni akhe abomvu; ziinto ezivathe ngezimsobo. Iinqwelo
zawo ziyamenyezela mhla sekusithiwa lifile; alekuza ngemikhonto.

4Nazo iinqwelo zigaleleka ezintilini, zibetha zibuyelela emathafeni,
zimenyeza ngathi zizibane, ziqhwanyaza ngathi yimibane.

5Izinxiba-mxhaka ziyabizwa; zihamba zigxalathelana. Nazo zigaleleka
kudonga lwesixeko; ewe, zitwabulula ikhaka lokuzikhusela.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6Gengelele – avulwa amasango omlambo! Hi-i-i – lawa ibhothwe!

7Kumiselwe ukuthinjwa kweNiniva; izicaka zayo nazo zililisela. Zitsho ngozungu ngathi ngamahobe, zibek' izandl' entloko.

8INiniva suka yanjengechibi elimanzi atyhobozayo. Bathi: “Kahleni, kahleni!” kodwa abanyeki nokunyeka.

9Nantso isiliva, zithathele. Zenzele, nantso negolide. Hayi, asipheli esi sitha; ubutyebi yimfumba koovimba.

10Bayivuthulule bayithimba bayibhodloza. Waphukile umoya wabantu; suka bangenelwa yingevane; ewe, babanjwe kukungcangcazela, ubuso butsho bambatsha.

11Iphi ke indlu yengonyama? Siphi isikhundla apho ebesondlelwa khona amathole, apho bezihamba khona iinkunzi neemazi namathole, zingaphazanyiswa nto?

12Ingonyama iwazingelele amthole ayo, oogxa bayo yabaqwengela amaxhoba; imingxuma yayo iyizalise ngenyama, isikhundla sayo siphuphuma okuqwengiweyo.

13Nanku umlomo kaNdikhoyo onamandla onke: “Uyabona, ndikuchasile. Iinqwelo zakho zokulwa ndozifaka umlilo; iingonyama zakho eziselula zodliwa likrele. Ndoliphelisa ehlabathini ixhoba lakho; ilizwi lezigidimi zakho soze libuye livakale.”

UNahum 3

Ukutshatyalaliswa kweNiniva

1Mawoo, sixekondini samagazi, ntondini ephuphuma ubuxoki, into emaxhoba maninzi kunene, ekuxhaphaza kungenalo nekhefu!

2Naso sihlwahlwaz' isabhokhwe, atsho akraxalaza namavili. Ewe, ayagqabadul' amahashe; zigoqoza ngamandla iinqwelo.

3Umkhosi wabamahashe ugalelekile, utsho ngaloo makrele akhazimlayo. Hayi ukumenyezela kwemikhonto! Ewe, kujub' ugodo ngapha nangapha.

© 1996 Bible Society of South Africa.

Hayi, akuzidumbu zibelekene! Yinyambalala imizimba yabafi; uba ngahamba ukhubeka kuyo.

4Yonke loo nto kukuphum' izandla kobuhenyu behenyukazi elinombizane, igcisa lemilingo elazikhobozayo izizwe, ngobuthi balo lazichan' iintlanga.

5Nanku umlomo kaNdikhoyo onamandla onke: “Ndichasene nawe, Niniva! Ndokuhluba izambatho zakho ziye kufika ebusweni, iintlanga ndizivezele ubuze bakho, izikumkani zilibone ihlazo lakho.

6Ndiza kukubhaxeka ngobunyhuku-nyhuku, Ewe, ndokuphatha ngolunya, ndikutsho ube sisigculelo.

7Abakubonayo bongcachela phaya, besithi: ‘Kaloku iNiniva seyingamabhodlo. Yaz'ba ingalilelwa ngubani na? Ndingambhaqa phi onokukuthuthuzela?’ ”

8Ngaba wena ungcono kuneNo-amon eyayimi phezu kweNayile, leyo yayijikelezwe ngamanzi afana nolwandle olulixhadi layo, manzi lawo aludonga lwayo?

9Amandlakazi ayo inguKushe noJiputa, intong' esekhosi inguPuti noLibhiya.

10Nakuba kunjalo yathinjwa, bahamba baya kutshona ebukhobokeni, ke bona oozimveku yaba ziziqwenga; ube ngajikela kule kona ibe zizo. Izikhulu zaqashwa oku kwenyama, amadoda azivayo suka akhonkxwa.

11Nawe kambe uza kushusha, uzame ukuzimela, ufune ukuzikhusela ezintshabeni zakho.

12Iinqaba zakho zofana nemikhiwane; nditsho leyo ilulibo luvuthiweyo. Umthi lowo uthi ungashukunyiswa amakhiwane adibane nokutyiwa.

13Khawujonge imikhosi yakho! Awu, bafazi bakwabani! Amasango elizwe lakho avulwe gabalala; usesichengeni seentshaba zakho; imivalo ilenywe ngumlilo.

14Zikhelele amanzi – ilizwe lifile! Khawuzomeleze iinqaba zakho; ewe, xonkxa udongwe, uxovule udaka, wenze izitena ezomeleleyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15Wokutshisela apho umlilo, ikrele likungqengqise phantsi. Lokugeqa ngathi
ziinkumbi, noba unganda njengeentothoviyane, unyakazele njengeentethe.

16Abarhwebi bakho bandile; bangaphezu kwazo neenkwenkwezi.
Njengeenkumbi banqunqa konke, bemke.

17Abalindi bakho nqwa neenkumbi; amagosa akho anjengebubu leentethe
elihlala eludongeni mhla ngengqele, kwakuvela ilanga lisabe, lingaze laziwe
mntu.

18Ke wena, kumkani waseAsiriya, abelusi bakho bona balele, izikhulu zakho
zilel' obentlombe. Abantu bakho bathe saa ezintabeni; ewe, abanaye
namqokeleli.

19Uduma lwakho alunakunyangeka; awenzakalanga ungxwelerhekile!
Abazivayo iindaba zokuwa kwakho basuka baqhwabe izandla. Ngubani
ongayingcamlanga inkohlakalo yakho engenasiphelo?

© 1996 Bible Society of South Africa.

UHabhakuki

UHabhakuki 1

Isingeniso

1Nalu udaba olundilisekileyo olwatyhilelwa umshumayeli uHabhakuki.

Isikhalazo sikaHabhakuki

2Koda kube nini na, Ndikhoyo, ndidanduluka ndisithi: “Nceda!” ube wena uthe cwaka? Koda kube nini na ndizibika kuwe ndisithi: “Ugonyamelo!” ube wena ungahlanguli?

3Yini na ukuba undibonise inkohlakalo? Ngani ukuba ujongane nobugwenxa? Naku sendiphahlwe yimbubho nogonyamelo; imbambano nesidube-dube zixananazile.

4Okwakungumthetho sekuyingxwelerha; ke bona ubulungisa abuvakali ndawo. Izikhohlakali zidobelel' amalungisa; ke bona ubulungisa buyagqwethwa.

Impendulo kaNdikhoyo

5“Khanizikhangele izizwe nibukele: ewe, nosuka nikhwankqiswe, kuba kuyo le mihla yenu ndiza kwenza isimanga, into eningasoze niyikholelwe noba ningade niyibaliselwe.

6Kaloku ndiza kuvusa amaKaledi, uhlanga olugenalusini noluzizityhuthu-tyhuthu, izinto ezilityhutyha ngobubanzi balo ilizwe, zithimbe imizi engeyoyazo.

7Hayi kambe ukoyikeka kweso sizwe! Zizinto ezenza unothanda; ewe, aphuhlisa isidima sawo.

8Ziintw' ezimahashe ashiy' ihlosi; oyikeka ngaphezu kweengcuka zamarhatya. Iinkweli-mahashe zawo zifunz' emsini; ewe, ngabafo abaphuma ekudeni. Ziintw' ezirhiwula ngathi lukhozi,

9zifike zizele lugonyamelo; izinto ezizilahlela mpela kwinjongo yazo, ziqokelel' intimbo ngathi yintlabathi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Iikumkani ahlekisa ngazo; bona abalawuli ayabagcolodela. Ke zona iinqaba
awazazele nto; enza iinduli zokuhlasela azithimbe.

11Asisitshu esigqotsa njengomoya; ngoonomatyala abanqula amandla abo.”

UHabhakuki uyakhala kwakhona

12Akunguye na owamandulo, Ndikhoyo, Thixo wam, wena Yedwa wam? Ke
thina asiyi kufa. Ndikhoyo, amaKaledi uwamisele ukuze usigwebe ngawo;
Ngxondorha yam, wena uwabekele ukusohlwaya ngawo.

13Kaloku amehlo akho amsulwa, akangede ajongane nobubi, ungenako
nokunyamezela ubugwenxa. Ngani ukuba ubabukele abakreqi? Kutheni wathi
cwaka xa kunje, xa izikhohlakali ziginya abantu abangamalungisa kunazo?

14Kutheni abantu ubafanisa neentlanzi? Ngani kuwe babe njengezinambuzane
ezingenamlawuli?

15Kaloku xa bebonke amaKaledi abatsala ngehaki; ewe, ababambisa
ngomnatha. Nango ebaqokelela ebarhuqa, nto leyo iwavuyisa
ngochulumacho.

16Loo mnatha ke awenzela amadini, umnatha otsalwayo awenzele isiqhumiso.
Kaloku ethe gcobho nje, ngulo mnatha; ngenxa yawo atya ooni nooni.

17Ngaba ohlala eqongqotha umnatha, etshabalalisa izizwe engenalusini?

UHabhakuki 2

UNdikhoyo uphendula uHabhakuki

1Ndophuma ndime emboniselweni yam, ndothi ngxishi phaya enqabeni,
ndibonisele ndive oko akuthethayo kum, nempendulo yakhe kwisimangalo
sam.

2 UNdikhoyo undiphendule esithi: “Wubhale lo mbono – wukrole
ngokucacileyo emacwecweni, ube nokufundwa nangogqitha ebaleka.

3Lo mbono ubhekiselele kwixesha elimisiweyo, kwaye uxhinele ixesha
lesiphelo, ibe ke awuyi kuphosisa. Noba ngathi uyalibazisa, wulindele; ewe,
uya kufika ngokuqinisekileyo ungenakuthintelwa nto.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4“Uyabona, lowo ukhukhumeleyo unentliziyo embi enxaxhileyo; ke yena olilungisa wophila ngokuthembeka kwakhe.

5Yona iwayini iyakhohlisa; umntu imenza azidle angazinzi. Sisinyolu-nyolu esikhamise njengengcwaba, nqwa nokufa soze ahluthe, nokuba uzihlanganisela kuye zonke iintlanga, azibuthele kuye izizwe zonke.

6“Abazi kuphoxisa ngaye kodwa, bahlekise ngaye bemenza isigculelo, besithi: ‘Mawoo ke, maqokelel' okungekuko okwakho, wena ozityebisa ngokuphanga impahla ekubanjiswe ngayo! Yaz'ba koda kube nini na kunje?’

7Abanamatyala kuwe bosuka bakuvukele ngequbuliso; bokujikela bakutsho ungcangcazele, ibe nguwe kanye lowo uphangwayo.

8Kaloku uxhaphaze izizwe ezininzi; wena ke woxhatshazwa ngamasalela azo. Kaloku uliphalazile igazi lomntu; ewe, uyitshabalisile imihlaba, wabhuq' iidolophu nabemi bazo.

9“Mawoo kowakha umzi ngenzuzo yobuqhopholo, ayimise indlu yakhe kwiindawo eziphezulu ukuze asinde nakweyiphi inkxwaleko.

10Uzifuthele imbubho izizwe ezininzi, nkqu nendlu yakho wayigalela ngehlazo, wabeka ubomi bakho esichengeni.

11Amatye odonga osuka abhomboloze, imiqadi yophahla ithelele.

12“Mawoo kowakha isixeko ngokuphalaza igazi, kulowo useka iidolophu ngobugwenxa!

13Akatshongo na uNdikhoyo uSomandla ukuthi imigudu yeentlanga lilifa lomlilo? Nezizwe ke zifumana zibulaleka.

14Ke wona umhlaba uya kuphuphuma kukubuqonda ubungangamsha bukaNdikhoyo, okwamanzi agubungele ulwandle.

15“Mawoo ububi bomntu oseza ummelwane wakhe, lowo umkhelela utywala kumphanda wakhe, amseze ade ayayatheke kukunxila, aze ke abukele ihlazo lobuze bakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Uya kugutyungelwa lihlazo, ingebubo ubungangamsha. Nawe sela unxile
ugxadazele. Iyahamba ibhekile yomgwebo kaNdikhoyo; yofika nakuwe,
ubungangamsha bakho bugutyungelwe lihlazo.

17Ugonyamelo olwenze eLebhanon lokufikela; uya kunkwantya yimbubho
oyenzele izilwanyana. Kaloku uliphalazile igazi labantu; ewe,
uyitshabalalisile imihlaba, wabhuq' iidolophu nabemi bazo.

18“Unaxabiso lini umfanekiso, into eqingqwe yingcibi? Sinceda ntoni isithixo
esifundisa inkohliso? Umenzi waso uqamela ngobuchule, aze enze into
engathethiyo.

19Mawoo kothi emthini: ‘Vuka!’ othetha nelitye elifileyo, athi: ‘Phakama!’
Ungakufundisa ntoni umfanekiso, into etyatyekwa ngegolide nesiliva? Hayi,
ayinamphefumlo tu!

20Ke yena uNdikhoyo usendlwini yakhe engcwele; malithi cwaka phambi
kwakhe lonke ihlabathi.”

UHabhakuki 3

Umthandazo womshumayeli uHabhakuki

1Nanku umthandazo womshumayeli uHabhakuki; uvunywa okwesililo.

2 Ndikhoyo, ndiluvile udaba olungawe; ewe, ndithe khamnqa zizenzo zakho.
Nakule mihla yethu khawuhlaziye loo misebenzi yakho yamandulo; ewe,
ukusebenza kwakho makubonakale nakule yethu iminyaka. Nokuba
unomsindo, mus' ukuyilibala inceba yakho.

3UThixo uyeza ephuma eTeman; uYedwa uvela kwintaba iParan.
Ubuqaqawuli bakhe bambathisa amazulu; ihlabathi lizele ludumo lwakhe.

4Ukuqaqamba kwakhe kunjengokukhanya; isandla sakhe siphanjwa yimitha;
azimel' apho amandla akhe.

5Yaba sisibetho phambi kwakhe; emkhondweni wakhe wee chu ubhubhani.

© 1996 Bible Society of South Africa.

6Uthi angema lishukum' ihlabathi, azijonge zitsho zinkwantye izizwe. Iintaba zamandulo ziyaqhaqhamba; iinduli zakudala zona ziyatshona. Ewe, le yindlela yakhe yasephakadeni.

7Ndibona iintente zakwaKushan zisenkathazweni, izikhuselo zelizwe lakwaMidiyan zingcangcazela.

8Ucatshukiswa yimilambo na, Ndikhoyo? Ngaba uqunjiswa ziintlambo na? Ngaba wenziwa umsindo lulwandle na, le nto uqhuba amahashe akho nje, ukhwele kwiinqwelo zakho zoloyiso?

9Wena utyhila isaphetha sakho, uziqinise ngeziqalekiso iintolo zakho, ihlabathi uliphambe ngemilambo.

10Iintaba zithi zingakubona zibhinyalaze, imisinga yamanzi iqukuqele. Ke zona iinzonzobila ziyagquma; amaza ayalatyuza okwezandla eziphakanyisiweyo.

11Zithi zakumenyez' iintolo zakho ezikhawulezayo, wakuba umkhonto wakho umenye-menyeza, suka lingabonakali ilanga nenyanga esibhakabhakeni.

12Ihlabathi ulicanda unengqumbo, nezizwe uzinyhasha unomsindo.

13Uphuma uye kubahlangula abantu bakho, ukuze usindise umthanjiswa wakho. Uyaludiliza uphahla lomzi wabakhohlakeleyo, kutyhileke iindonga kuye kutsho kwilitye lesiseko.

14Uyigwaza ngomkhonto wayo inkokheli, bakuba abomkhosi wayo bephume okoqhwithela beze kusisarhaza, bezidla ngathi bobaqwenga ngasese abahlelelekileyo.

15Ugxampuza elwandle ngamahashe akho, aze ayaluzele amanzi amaninzi.

16Ndithe ndakuva satsho saxuxuzela isisu sam, imilebe yatsho yabebezela; amathambo atsho angenelwa yimpehla, nemilenze yam yasuka yagevezela. Kambe ke ndowulinda ngomonde umhla wenkxwaleko; nditsho umhla oya kufikela olu hlanga lusihlaselayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

17Noba ungade ungadubuli umkhiwane, umdiliya ungabi nazo neziqhamo,
nokuba awungevelisi nto umnquma, namasimi ngokwawo angabi nasivuno,
zingade zingabikho iigusha esibayeni, nobuhlanti bungabi nazo nazinkomo,

18ewe, khona kungade kube njalo, kodwa mna ndochwayita kuNdikhoyo,
ndibe nemihlali kuThixo ondisindisayo.

19Amandla am nguMhlekazi uNdikhoyo; uzenza iinyawo zam zibe
njengezenxala; ngaye ndihamba kweziphezulu iindawo. Kumbhexeshi-
kwayala; ngezikhalisi ezineentambo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

UZefaniya

UZefaniya 1

Intshayelelo

1Nali ilizwi likaNdikhoyo elafika kuZefaniya unyana kaKushi, unyana kaGedaliya, unyana ka-Amariya, unyana kaHezekiya. Ngoko ke kwakungethuba lolawulo lukaJosiya unyana ka-Amon owayengukumkani kwaJuda.

Isilumkiso ngentshabalalo

2“Ndosuka nditshayele konke nje, ndikhucule konke ehlabathini.” Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo.

3“Ndotshayela nje umntu nesilwanyana. Ewe, ndozitshabalalisa iintaka esibhakabhakeni, ndenjenjalo nasezintlanzini zolwandle. Ndobasusa abakhohlakeleyo bezizikhubekiso, ndimnqamle kuphele umntu ehlabathini.” Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo.

4“Isandla sam ndosolulela kuJuda nakubo bonke abemi beJerusalem, ndiwanqamle kule ndawo amasalela kaBhali, ndiwacime amagama abanqulizithixo kunye nababingeleli bazo –

5nditsho bona abo baguqa phezu kwezindlu benqula iinkwenkwezi, abo baguqayo bafunge uNdikhoyo, ukanti ke bakwafunga noMalkam,

6abo bakreqileyo ekulandeleni uNdikhoyo, abo bangasamfuni nganto uNdikhoyo, kungekho nanto bayibuzayo kuye.

7Ewe, yithini cwaka phambi kweNkosi uNdikhoyo; kaloku imini kaNdikhoyo isemnyango. Yena ulilungisile idini, ubangcwalisile abo abamemileyo.

8Ngaloo mini yedini likaNdikhoyo ndiya kuwohlwaya amatshawe, ndibabethe oonyana bokumkani nâbo bavatha impahla yasemzini.

9Ngaloo mini ndiya kubohlwaya bonke abatsiba umgubasi womnyango, abazalisa indlu yothixo wabo ngogonyamelo kunye nenkohliso.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10“Ngaloo mini,” nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo, “kovakala isikhalo
ngakwiSango leeNtlanzi, ibe sisijwili ngakuMzi oMtsha, kuvakale isithonga
ngasezindulini.

11Yenzani isijwili, nina bahlala esigingqini. Bonke abarhwebi
botshatyalaliswa, bavuthululwe abashishina ngesiliva.

12Ngelo xesha ndophath' izibane ndiphicothe iJerusalem, ndibohlwaye abo
bangakhathalele nto, abo bafana newayini enentlenge, abathi: ‘UNdikhoyo
soze enze nto, nditsho nokuba intle okanye imbi.’

13Ubutyebi babo buya kuxhatshazwa, izindlu zabo zona zibhodlozwe. Boba
ngazakha ke izindlu, kodwa bangaze bahlale kuzo. Ewe, bozilima izidiliya,
kodwa bangaze basele wayini yazo.”

Imini enkulu kaNdikhoyo

14Isondele imini enkulu kaNdikhoyo; ewe, isondele, yaye iza
ngokukhawuleza. Yivani! Isikhalo soba krakra ngemini kaNdikhoyo – nditsho
imikhwazo yamagorha ngaloo mini.

15Leyo yoba yimini yengqumbo, imini yokuxhwaleka nosizi, umhla
wentshabalalo nembubho, umhla wobumnyama nesithokothoko, imini
yamafu nomnyam' ombonde-mbonde,

16umhla wesigodlo nentlaba-mkhosi ebhekisa kwizixeko ezinqatyisiweyo
nakwezo nqaba ziphakamileyo.

17Abantu ndobazisela inkxwaleko; bosuka bafathule ngathi ziimfama. Kaloku
bamonile uNdikhoyo. Igazi labo lophalala njengothuli, imizimba yabo
ivuthuluke njengobulongwe.

18Soze yabasindisa igolide nesiliva yabo ngaloo mini yengqumbo
kaNdikhoyo. Umhlaba wotshiswa wonke ngumlilo wekhwele lakhe. Uya
kubenzela isiphelo esipheleleyo nesikhawulezileyo bonke abemi behlabathi.

UZefaniya 2

1Qokelelanani nihlanganisane, sizwendini esingenantloni,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

2lingekafiki ixesha elimisiweyo, imini eyonitshayela njengomququ,
ingekanifikeli ingqumbo eshushu kaNdikhoyo, ningekafunyanwa ngumhla
wengqumbo yakhe.

3Mfuneni uNdikhoyo, bemi abathobekileyo behlabathi, nina benza umyalelo
wakhe. Zingelan' ubulungisa nentobeko, mhlawumbi nokhuseleka ngemini
yomsindo kaNdikhoyo.

Intshabalalo kwizizwe eziphahle uSirayeli

4IGaza yolil' ibhungane, iAshkelon isale ingamabhodlo. Kanye emin'
emaqanda iAshdode iya kuqongqothwa, ke yona iEkron incothulwe.

5Yeha ke, nina bemi ngaselwandle! Yeha ke, nina maKreti! Ilizwi
likaNdikhoyo lichasene nani: “Wena Kanana, mhlaba
wamaFilistiya, ndokutshabalalisa, kungabikho namnye umi kuwe.”

6Loo mhlaba ungaselwandle, apho kumi amaKreti, woba zizikhundla zabelusi
nezibaya zeegusha.

7Umhlaba lowo woba ngowamasalela endlu kaJuda; khona bozuza amadlelo.
Ngokuhlwa bolala kwizindlu zaseAshkelon; kaloku uNdikhoyo uThixo wabo
wobanonophela, abenze badle ngendeb' endala.

8“Ndizivile izithuko zikaMowabhi, ngokunjalo nezingcikivo zoonyana baka-
Amon. Ewe, babathukile abantu bam, bangenelela emideni yabo.

9Ngoko ke, ndikhonje, ndiyafunga,” nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo
onamandla onke, uThixo kaSirayeli: “Inene, iMowabhi yofana nqwa
neSodom, ama-Amon abe njengeGomora, indawo yokhula nemihadi yetyuwa.
Yoba yinkangala ngonaphakade. Amasalela abantu bam aya kubaxhaphaza;
ewe, amasalela esizwe sam owudla ilifa umhlaba wabo.”

10Yonke loo nto ingenxa yekratshi labo, ngenxa yokuthuka nokuphoxisa
ngabantu bakaNdikhoyo onamandla onke.

11UNdikhoyo woba ngorhwaqelisayo kubo, kuba wozitshabalalisa izithixo
zelizwe. Izizwe macala onke ziya kumnqula; bebonke ke kwimihlaba yabo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

12“Nani ngokwenu, maKushe, niya kubulawa ngekrele lam.”

13Uya kusolula isandla sakhe kwelangasentla, ayitshabalalise iAsiriya, ayenze ibe linxuwa iNiniva, isale iyinkangala enjengentlango.

14Iya kubutha phakathi kwayo imihlambi; ewe, yoba likhaya lazo zonke iindidi zezilwanyana. Soba lapho isikhova nesihulu-hulu, side silale kuloo miwewe, zikhwazane kwezo festile, ibe emnyango iyinkunkuma yodwa, imiqadi yomsedare isele izé.

15Koba njalo okwesixeko esonwabileyo, esisoloko sihleli sikhuselekile. Kaloku sona sasisithi: “Ndim ndodwa; akukho wumbi.” Ndlela le singamabobosi ngayo! Ngoku seyilikhaya lamarhamncwa. Ke abadlulayo bobetha umlozi, babambe ongezantsi.

UZefaniya 3

Ikamva leJerusalem

1Yeha ke, mvukelindini uxabhelekileyo, sixekondini sabacinezeli!

2Kaloku asithobeli mntu; ewe, asiva kululekwa. Sona asimthembi noNdikhoyo; asisondeli nokusondela kuThixo waso.

3Sitsho ngâbo balawuli baso, izinto ezibhavuml' okweengonyama. Abagwebi banjengeengcuka zangorhatya, izinto ezingashiyi nethambo eli elinokukhukhuzwa ngengomso.

4 Abashumayeli bakhona zizintw' ezingenazimilo, abafo abaqamela ngobuqhetseba. Ababingeleli bayayixabhela ingcwele; ewe, bona bayawuvukela umthetho.

5Ke uNdikhoyo uphakathi kwaso, yena olilungisa elingenzi bugwenxa. Uphak' ubulungisa ntsasa zonke; akukho nanye imini asilela ngayo. Ke bona abagwenxa abazi nehlazo eli.

6“Mna ndizinqamle izizwe, ndazivuthulula iinqaba zazo, ndatsho kwalil' ibhungane ezitalatweni zabo. Akusekho nomntu lo odlulayo; ewe, izixeko

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

zabo zitshatyalalisiwe. Ngenene akusekho bani useleyo, kungekho namnye ummi kuyo.

7Bendisithi iJerusalem iya kundoyika, ikwamkele ukululekwa, nendawo yokuhlala kwayo inganqanyulwa, nditsho konke endayibonelela ngako. Kambe ke basuka baxhinela phambili besenza loo mikhuba yabo mibi.

8“Ngoko ke lindelani kum,” utsho uNdikhoyo, “nijonge usuku endothimba ngalo. Ndosuka ndiziqokelele izizwe, ndizihlanganisele ndawonye izikumkani, ndizigalele ngomsindo wam, ndiyibhokoxele kuzo ingqumbo yam eshushu, ihlabathi liphela litshabalale, ndililenye ngomlilo womsindo wekhwele lam.

9“Nezizwe ke ndosuka ndiziguqule ukuze zonke zimnqule uNdikhoyo; ewe, zimbuse ngamxhelo mnye.

10“Abakhonzi bam, abantu bam abasarhazekileyo, bophuma phesheya komlambo waseKushe, bandizisele iminikelo.

11“Ngaloo mini aniyi kudana ngobugwenxa enibenze kum, kuba ndobasusa kwesi sixeko abo baziqhayisa ngekratshi. Soze niphinde nidelele kuloo ntaba yam ingcwele.

12Ke kaloku ndonishiyela abantu abanobulali nabathobekileyo, abantu abakholosa ngegama likaNdikhoyo.

13“Amasalela kaSirayeli soze anxaxhe. Akasayi kuthetha buxoki, kungàfunyanwa nankohliso emilonyeni yabo. Aya kutya angqengqe, kungabikho bani unokuwoyikisa.”

Ingoma yemincili

14Khawuhlabel' ingoma, ntombi inguZiyon; uyiyizele, wena Sirayeli! Vuya uchwayite ngentliziyo yakho yonke – ndixela wena, ntombi inguJerusalem!

15 UNdikhoyo usirhoxisile isigwebo sakho, neentshaba zakho uzijikile. Ke yena uNdikhoyo, uKumkani kaSirayeli, ungakuwe; soz' uphinde uboyike ububi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

16Ngaloo mini kothiwa kwiJerusalem: “Musa ukoyika, Ziyon! Mazingabi namkhinkqi izandla zakho.

17UNdikhoyo uThixo wakho unawe; uligorha elisindisayo. Yena unemihlali ngawe, enovuyo; uya kukuthulisa ngothando lwakhe; ugcoba ngawe eyiyizela,

18ngathi ngabantu ngomhla wetheko.” Kaloku uNdikhoyo uthi: “Ndonikhusela kuyo intlekele, ningabi saba sisingcikivo.

19Uyabona, ngelo xesha ndiya kuphathana nabo abo bakucinezeleyo. Ndiya kusihlangula isiqhwala, ndibaqokelele abo basarhazekileyo. Ndiya kubanika udumo nokuhlonelwa kuloo mazwe onke ababehlaziswa kuwo.

20Ngelo xesha ndoniqokelela; ewe, ndinibuyisele ekhaya, ndinithi jize ngesidima nendumiso kuzo zonke izizwe zehlabathi, xa ndinibuyisela kundalashe. Nani ke noyibona loo nto ngala wenu amehlo!” Utsho uNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

UHagayi

UHagayi 1

Umyalelo wokwakhiwa kwendlu kaThixo

1Ngomhla wokuqala kwinyanga yesithandathu kunyaka wesibini wolawulo lukakumkani uDariyo, ilizwi likaNdikhoyo lafika kumshumayeli uHagayi. Lalibhekiswa kwirhuluneli yamaJuda uZerubhabheli unyana kaShelatiyeli, kunye nombingeleli omkhulu uYeshuwa unyana kaYozadaki, lisithi:

2“UNdikhoyo onamandla onke uthi: ‘Aba bantu bathi: “Eli alikabi loxesha lokuyakha indlu kaNdikhoyo.” ’ ”

3Ke ilizwi likaNdikhoyo lafika kumshumayeli uHagayi lisithi:

4“Ngani ukuba nina nihlale ezindlwini ezifanelekileyo, kodwa yona indlu yam ibe ilinxuwa?

5Ke ngoko utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: ‘Zigqaleni iindlela zenu.

6Nihlwayela kakhulu, kodwa nivune kancinane; ewe, niyadla, kodwa ningahluthi; niyasela, kodwa ninganeli; niyambatha, kodwa ningafudumali; niyaphangela, kodwa umvuzo wenu ube ngathi ufakwe engxoweni evuzayo.’

7“Utsho ke uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: ‘Zigqaleni iindlela zenu.

8Khaninyuke ezintabeni, nize nemithi, niyakhe indlu yam. Ndokholiswa yiyo, ndize ndizimaseke,’ utsho uNdikhoyo.

9‘Benilindele lukhulu, kodwa suka nazuz' intwan' encinci! Nithe nakuza nayo ekhaya, ndayivuthela yee shwaka! Ngani ke?’ utsho uNdikhoyo onamandla onke. ‘Kungenxa yendlu yam, yona le ilinxuwa, nibe nina elowo exakeke yeyakhe indlu.

10Kungenxa yenu ke ngoko ukuba izulu liwubambe umbethe walo, nomhlaba utsho ungavelisi nto.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Ke ndinizisele imbalela emasimini, emadlelweni, kwingqolowa, kwiwayini,
namafutha omnquma, nayo nayiphi na into eveliswa ngumhlaba. Ikho
ezinkomeni, nasebantwini, nakuwo wonke umsebenzi wezandla zenu.' "

Abantu bathobela umyalelo

12Ke kaloku uZerubhabheli unyana kaShelatiyeli, nombingeleli omkhulu
uYeshuwa unyana kaYozadaki, nabo bonke abantu abangamasalela,
bawuthobela bawenza umyalelo kaNdikhoyo uThixo wabo, ngokwamazwi
omshumayeli uHagayi.

13Ke uHagayi, isigidimi sikaNdikhoyo, waluthetha udaba lukaNdikhoyo
ebantwini, wathi: "Ndiya kuba nani."

14Ke uNdikhoyo wawuvuselela umoya werhuluneli uZerubhabheli unyana
kaShelatiyeli, nowombingeleli omkhulu uYeshuwa unyana kaYozadaki,
nowabo bonke abantu abangamasalela, beza ke bawuqalisa umsebenzi
wokwakhiwa kwendlu kaNdikhoyo onamandla onke uThixo wabo

15ngomhla wamashumi amabini anesine kwinyanga yesithandathu ngonyaka
wesibini wolawulo lukakumkani uDariyo.

UHagayi 2

Ubunewu-newu bendlu entsha kaNdikhoyo

1Ngomhla wamashumi amabini ananye ngenyanga yesixhenxe ilizwi
likaNdikhoyo lafika kumshumayeli uHagayi lisithi:

2"Thetha kunyana kaShelatiyeli uZerubhabheli irhuluneli yakwaJuda,
nakunyana kaYozadaki uYeshuwa umbingeleli omkhulu, nasebantwini bonke
abaseleyo, uthi:

3'Ngubani na kuni osaseleyo owabubonayo ubunewu-newu bale ndlu
mandulo? Ngoku ikhangeleka njani kuni? Xa niyithelekisa naleya
ayikhangeleki ingeyonto?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Kodwa ke yomelela, Zerubhabheli,’ utsho uNdikhoyo. ‘Yomelela, mbingeleli omkhulu Yeshuwa, nyana kaYozadaki. Kaloku mna ndinani,’ utsho uNdikhoyo onamandla onke.

5‘Ekuphumeni kwenu eJiputa ndanqophisa ukuba ndiya kuhlala ndinani. Ke uMoya wam usenani; musani ukoyika.’

6“Kaloku uNdikhoyo onamandla onke uthi: ‘Kungekudalanje, ngaso isihlandlo esinye, ndiya kunyikimisa izulu nehlabathi, ndigungqise ulwandle nomhlaba owomileyo.

7Ndiya kuziphithizelisa zonke izizwe, ubutyebi bazo buziswe apha, le ndlu yam ndiyizalise ngesihomo,’ utsho uNdikhoyo onamandla onke.

8‘Isiliva yeyam; kanti negolide yeyam,’ utsho uNdikhoyo onamandla onke.

9‘Indlu entsha yoba nesihomo esingaphezulu kunesihomo saleya indlu yangaphambili,’ utsho uNdikhoyo onamandla onke. ‘Ukanti ke kuyo le ndawo ndiya kunika uxolo,’ utsho uNdikhoyo onamandla onke.”

Umshumayeli uthetha nababingeleli

10Ngosuku lwamashumi amabini anesine kwinyanga yethoba ngonyaka wesibini wokulawula kukaDariyo ilizwi likaNdikhoyo lafika kumshumayeli uHagayi lisithi:

11“Utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: ‘Buza ababingeleli ukuba umthetho uthini na.

12Ukuba umntu uphethe inyama ehlambulukileyo ngesondo lengubo yakhe, ngaba ke xa isondo laloo ngubo yakhe lirhece nokuba sisonka, ukutya okuphekiweyo, iwayini, amafutha omnquma, okanye nakuphi na ukutya, ngaba elo sondo likwenza kuhlambuluke oko kutya?’ ” Ababingeleli baphendula bathi: “Hayi!”

13Ke uHagayi wathi: “Ukuba umntu unomlaza kukuphatha isidumbu, ngaba xa echukumise ukutya nako kutsho kube nomlaza?” Ababingeleli baphendula bathi: “Ewe, kuba nomlaza.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

14Ke uHagayi waphendula wathi: “Utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘Ekuboneni kwam bakwanjalo aba bantu kwakunye nolu hlanga. Ewe, unjalo wonke umsebenzi wezandla zabo, nento abanikela ngayo khona apho inomlaza.’ ”

UNdikhoyo uthembisa ngentsikelelo

15“ ‘Ke ngoku kugqaleni okwakusenzeka kwimihla edlulileyo xa beningekaqalisi ukubeka ilitye phezu kwelitye nisakha indlu kaNdikhoyo.

16Kaloku benisiya kwisitha sengqolowa nilindele isivuno esingamashumi amabini, nisuke nizuze ishumi elinye kuphela. Benisiya esixovululweni sewayini nilindele ukuzuza imilinganiselo emashumi mahlanu, kodwa nizuze amashumi amabini kuphela.

17Wonke umsebenzi wezandla zenu ndawubetha ngerusi, nesihumba, nesichotho, kodwa noko akubangakho namnye kuni ubuyela kum,’ utsho uNdikhoyo.

18‘Gqalani ke ukususela namhlanje kulo mhla wamashumi amabini anesine kwinyanga yethoba, suku olo zigqitywe ngalo iziseko zendlu kaThixo. Ze niqwalasele ke niyibone into eza kwenzeka.

19Ngaba isekho imbewu eseleyo koovimba? Kude kube ngoku izidiliya zenu, namakhiwane enu, ngokunjalo nemirharnati kunye neminquma yenu, ibingathwali ziqhamo, kodwa ke ukusukela namhlanje ndiza kunithamsanqela.’ ”

UNdikhoyo uthembisa uZerubhabheli

20Ilizwi likaNdikhoyo laphinda lafika kuHagayi isihlandlo sesibini ngosuku lwamashumi amabini anesine lwaloo nyanga, lisithi:

21“Thetha kuZerubhabheli irhuluneli yakwaJuda, uthi: ‘Ndiza kulinyikimisa izulu nehlabathi,

22ndibakhiqe ookumkani kwizihlalo zabo, ndiwaphelise amagunya ezikumkani zeentlanga, ndizibhukuqe iinqwelo zokulwa nababhexeshi bazo, kuwe amahashe nabakhwele kuwo, elowo awe likrele lomtakwabo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

23Ngaloo mini,’ utsho uNdikhoyo onamandla onke, ‘ndiya kukuthabatha wena mkhonzi wam Zerubhabheli, nyana kaShelatiyeli,’ utsho uNdikhoyo, ‘ndikwenze ube ngumsesane wophawu lwam, kuba ndikunyule,’ utsho uNdikhoyo onamandla onke.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

UZakariya

UZakariya 1

Ukubizelwa enguqukweni

1Ke kaloku kwathi kwinyanga yesibhozo yonyaka wesibini wolawulo
lukaDariyo, ilizwi likaNdikhoyo lafikela umshumayeli uZakariyaunyana
kaBherekiya unyana kaIdo.

2Lalisithi: “UNdikhoyo wayebaqumbele gqitha ooyihlo-mkhulu.

3Yithi ke kubo: Utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: ‘Buyelani kum,’
nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo onamadla onke, ‘nam ke ndobuyela kuni,’
utsho uNdikhoyo onamandla onke.

4Sanukuhamba ekhondweni looyihlo-mkhulu, bona babexelelwa
ngabashumayeli bamandulo besithi: Utsho uNdikhoyo onamandla onke
ukuthi: ‘Guqukani kwiindlela zenu zobubi, nahlukane nemisebenzi
yobugwenxa. Kambe ke abazange bandiphulaphule, bengazange
bandithobele,’ utsho uNdikhoyo.

5Ngoku ke baphi ooyihlo abo? Bona abashumayeli baphila ngonaphakade na?

6Kodwa ke, andithi amazwi am ngokunjalo nemimiselo yam endandiyithume
izicaka zam abashumayeli yabafumana ooyihlo-mkhulu abo? “Kaloku ke
bazisola bathi: ‘Ngenene uNdikhoyo onamandla onke usiphethe
ngokweendlela zethu; usivuze ngokwemisebenzi yethu, njengoko
wayezimisele ukwenjenjalo.’ ”

Umbono wamahashe

7Ngomhla wamashumi amabini anesine kwinyanga yeshumi elinanye, nyanga
leyo ekuthiwa nguShebhati, kwakuloo nyaka wesibini wolawulo lukaDariyo,
ilizwi likaNdikhoyo lamfikela umshumayeli uZakariya unyana kaBherekiya
unyana kaIdo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Ndasuka ndaba nombono ebusuku: Phambi kwam ndabona umfo ekhwele ihashe elibomvu. Wayemi engxingweni phakathi kwemithi yemetile. Emva kwakhe kwakukho amanye amahashe, abomvu, amfusa, namhlophe.

9Ndaza ke ndathi: “Ithetha ntoni le nto, nkosi yam?” Isithunywa eso ebesithetha nam sathi: “Ndiza kukubonisa intsingiselo yezi zinto.”

10Ke loo mfo umi phakathi kwemithi yemetile waphendula wathi: “Aba ngabathunywe nguNdikhoyo ukulityhutyha ihlabathi liphela.”

11Banika ingxelo kweso sithunywa sikaNdikhoyo siphakathi kwemithi yemetile, bathi: “Silityhutyhile ihlabathi lonke, saza salifumana lizole nzwanga.”

12Ke isithunywa sikaNdikhoyo sathi: “Ndikhoyo onamandla onke, koda kube nini ungenaluvelwano neJerusalem needolophu zakwaJuda owaziqumbelayo le minyaka ingamashumi asixhenxe?”

13UNdikhoyo ke wasiphendula ngamazwi obulali nentuthuzelo eso sithunywa sasithetha nam.

14Isithunywa eso ke esasithetha nam sathi: “Lubhengeze olu daba uthi: Utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: ‘Ndinekhwele elikhulu ngeJerusalem neZiyon.

15Kambe ke ndiziqumbele kakhulu izizwe ezixhamla ulonwabo. Bendingaqumbanga kakhulu, kodwa zona zisuke zayongezelela inkxwaleko.’

16“Ngoko ke utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘IJerusalem ndiza kuyivelela ngenceba, ibuye yakhiwe indlu yam khona,’ utsho uNdikhoyo onamandla onke. ‘Ewe, intambo yokulinganisa iza kolulwa phezu kweJerusalem.’

17Phinda ubhengeze uthi: Utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: ‘Iidolophu zam ziya kuphinda ziphuphume yinkqubela, iZiyon ndibuye ndiyithuthuzele mna Ndikhoyo, ndiyichonge iJerusalem.’ ”

Umbono weempondo

18Ndathi ndakukhangela ndabona nazo iimpondo ezine phambi kwam.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Ndabuza kweso sithunywa sasithetha nam ndathi: “Yintoni intsingiselo yazo?” Saphendula sathi: “Ezi zezi mpondo zachitha-chitha uJuda noSirayeli neJerusalem.”

20Ke kaloku uNdikhoyo wandibonisa iingcibi ezine,

21ndaza ke ndathi: “Ezi ngcibi zize kwenza ntoni na?” Waphendula wathi: “Ezi mpondo ngabo bachitha-chitha uJuda kangangokuba kungabikho bani unokuphakamisa intloko yakhe. Kambe ke iingcibi ezi zize kubarhwaqelisa; ziza kuzaphula iimpondo izizwe ezalifaka uphondo ilizwe lakwaJuda, labachitha-chitha abemi balo.”

UZakariya 2

Umbono wentambo yokulinganisa

1Ndaphinda ndathi ndakukhangela ndabona nanko umfo phambi kwam ephethe esandleni sakhe intambo yokulinganisa.

2Ndaza ndathi: “Uya phi?” Ke yena wathi kum: “Ndiza kulinganisa iJerusalem, ndifumanise ububanzi nobude bayo.”

3Semka ke eso sithunywa sasithetha nam, saza sahlangatyezwa sesinye,

4sathi kuso: “Sukelisa, uthethe nalaa mfana, uthi: ‘IJerusalem iza kuba sisixeko esingabiyelwanga, kuba yoba nabantu abaninzi gqitha ndawonye nempahla yabo.

5Ndim ngokwam oya kuba ludonga lwayo lomlilo ndiyijikeleze, ubungangamsha bam bube ngaphakathi kwayo.’ Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo.”

6“Hoyinaa! Sabani ezweni langasentla,” utsho uNdikhoyo. “Kaloku ndinichitha-chithele kumacala omane ehlabathi,” utsho uNdikhoyo.

7“Ewe, yiza, Ziyon! Balekani, nina enihlala eBhabheli.”

8Kaloku uNdikhoyo onamandla onke ondigunyazise wandithuma kwizizwe ezanixhaphazayo, uthethe wathi: “Nabani na onichukumisayo uchukumisa ukhozo lweliso lwam.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Ndosuka ndiziheshe ezo zizwe ngesandla sam, ibe zizo ezixhatshazwa ngamakhoboka azo. Ke kaloku notsho niqonde ukuba nguNdikhoyo onamandla onke ondithumileyo.”

10“Memeza ugcobe, ntombi eyiZiyon, kuba ndiyeza, ndaye ndiza kuhlala apho kuwe,” utsho uNdikhoyo.

11“Ngaloo mini izizwe ezininzi ziya kubandakanywa noNdikhoyo, zibe ngabantu bam. Ndiya kuhlala phakathi kwenu, nani nitsho niqonde ukuba nguNdikhoyo onamandla onke ondithumileyo.

12UJuda uya kuba lilifa nesabelo sikaNdikhoyo apha kulo mhlaba ungcwele, aze abuye ayichonge iJerusalem.

13Yithini cwaka phambi koNdikhoyo, nonke bantu behlabathi; kaloku yena ngoku uvukile ekhayeni lakhe elingcwele.”

UZakariya 3

Umbono wombingeleli omkhulu

1Ke kaloku wandibonisa umbingeleli omkhulu uYoshuwa emi phambi kwesithunywa sikaNdikhoyo; yena uSathana emi ngasekunene kwakhe eza kummangalela.

2UNdikhoyo ke uthe kuSathana: “NdinguNdikhoyo nje ndiyakukhalimela, Sathana! Ewe, ndinguNdikhoyo onyule iJerusalem nje ndiyakukhalimela! Kaloku lo mfo ufana nesikhuni esixhwilwe emlilweni.”

3Ngoko ami phambi kwesithunywa uYoshuwa wayenxibe iimpahla ezingcolileyo.

4Isithunywa ke sathetha nâbo babemi phambi kwaso sathi: “Mkhululeni ezo mphala zingcolileyo.” Sabhekisa kuYoshuwa ke sathi: “Uyabona ke, ndibususile ubugwenxa bakho; ndaye ke ndiza kukunxiba iimpahla zexabiso.”

5Mna ke ndathi: “Mabamthwalise entloko iqhiya ecocekileyo.” Baza ke bamthwalisa iqhiya ecocekileyo, baza bamnxibisa iimpahla, isithunywa sikaNdikhoyo sisemi njalo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

6Ke kaloku isithunywa sikaNdikhoyo samthembisa sathi:

7“UNdikhoyo onamandla onke uthi: ‘Ukuba uthe wahamba ngeendlela zam, wayithobela imimiselo yam, indlu yam iya kulawulwa nguwe, ngokunjalo neenkundla zam zibe phantsi kwakho; kananjalo ke nawe uya kuba nendawo phakathi kwaba bemi apha.

8“ ‘Yoshuwa, mbingeleli omkhulu, phulaphula, beve nabo oogxa bakho abakungqongileyo; abo bangumqondiso wezinto ezizayo. Kaloku ndiya kuvelisa ihlumelo elisisicaka sam.

9Uyabona ke ndibeke ilitye phambi koYoshuwa, litye elo elinamehlo asixhenxe kulo. Kulo ke ndiya kukrola umbhalo, isono seli lizwe ndisisuse ngamini-nye,’ utsho uNdikhoyo onamandla onke.”

10“UNdikhoyo onamandla onke uthi: ‘Ngaloo mini nonke ngabanye elowo uya kumema ummelwane wakhe, ahlale naye phantsi komdiliya noba ngumkhiwane.’ ”

UZakariya 4

Umbono wesiphatho sezibane nemithi yomnquma

1Esaa sithunywa sasithetha nam sabuya seza sandivusa njengomntu ovuswa ebuthongweni bakhe,

2sathi kum: “Ubona ntoni?” Ndaza ndathi: “Ndibona isiphatho sezibane esenziwe ngegolide. Entloko sinesitya nezibane ezisixhenxe ezinxityelelwe yimibhobho esixhenxe.

3Kanjalo esi sibane sixhakwe ngasekunene nangasekhohlo yimithi emibini yomnquma.”

4Ndabuza kweso sithunywa sasithetha nam, ndathi: “Ziyintoni na ezi zinto, nkosi yam?”

5Ke isithunywa esasithetha nam saphendula sathi: “Awuzazi na ukuba ziyintoni ezi zinto?” Ndaza ndathi: “Hayi, nkosi yam.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

6Ke sona sathi kum: “Eli lilizwi likaNdikhoyo kuZerubhabheli:‘Akungabukroti, kungengawo namandla, kodwa kungoMoya wam kuphela,’ utsho uNdikhoyo onamandla onke.

7“Kuxa uyintoni, wena ntaba iphakamileyo? Phambi koZerubhabheli wosuka ube njengethafa. Uya kubeka ilitye lokugqibela ekwakhiweni kwendlu kaThixo, abantu bekhwaza besithi: ‘Thamsanqela! Thamsanqela, Thixo!’ ”

8Ke kaloku ndafikelwa lilizwi likaNdikhoyo lisithi:

9“Izandla zikaZerubhabheli zisibekile isiseko sendlu kaThixo; ikwazizandla zakhe eziya kuyiphetha. Nawe uya kutsho uqonde ukuba uNdikhoyo onamandla onke nguye ondithumileyo kuwe.

10Ngubani owudelelayo umhla ongenaziganeko zingako? Kambe baya kuvuya bakubona uZerubhabheli ephethe isixhobo sokulungelelanisa. Ezi zibane zisixhenxe ngamehlo kaNdikhoyo ajonga ihlabathi lonke jikelele. ”

11Ndasibuza ke isithunywa eso ndathi: “Yeyani le minquma mibiniixhake isiphatho sezibane ngasekhohlo nangasekunene?”

12Kwakhona ndabuza ndathi: “Ngawani la masebe mabini omnquma asecaleni kwale mibhobho mibini yegolide iphokoka ioyile ebugolide?”

13Siphendule sisithi: “Awuzazi na ezi zinto?” Ndathi: “Hayi, nkosi yam.”

14Saza ke sona sathi: “Aba ngabo babini bathanjiselwe ukukhonza iNkosi yehlabathi jikelele.”

UZakariya 5

Umbono womqulu ophaphazelayo

1Ndithe ndakukhangela ndabona nanko umqulu uphaphazela.

2Isithunywa sandibuza sathi: “Ubona ntoni?” Ke mna ndithe: “Ndibona umqulu ophaphazelayo. Umalunga neemitha ezilithoba ubude, neemitha ezine ezinesiqingatha ububanzi.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Saza sathi kum: “Esi sisiqalekiso esijinga phezu kwawo wonke umhlaba. Kwelinye icala kubhalwe kwathiwa wonke umntu olisela uza kugxothwa angabikho. Kanti ke kwelinye kuthiwa wonke umntu ofunga exoka uza kugxothwa angabikho.

4UNdikhoyo onamandla onke uthi: ‘Ndiza kusikhupha esi siqalekiso size singene emzini walowo ulisela, nakuwo umzi walowo ufunga igama lam exoka. Siya kuhlala apho emzini wakhe, siwutshabalalise kunye nezinti zawo namatye awo.’ ”

Umbono womfazi osebhaskitini

5Siphinde sathi gqi isithunywa ebesithetha nam, sathi kum: “Khangela, kukho nenye into evelayo.”

6Ndaza ndathi: “Yintoni na?” Siphendule sathi: “Yibhaskiti leya ivelayo.” Saza sathi: “Iqulethe isono sabantu ehlabathini lonke.”

7Eso sivalo sayo selothe saphakama, kwathi kanti apho ngaphakathi kuhleli umfazi.

8Isithunywa sathi: “Lo mfazi umele inkohlakalo.” Saza ke samtyhiliza sambuyisela ebhaskitini, savala.

9Ndakukhangela ke ndabona apho phambi kwam abafazi ababini bephaphazela ngamaphiko abo emoyeni; ewe, babetsho ngamaphiko ngathi yingwamza. Bayichola loo bhaskiti, baphaphazela nayo esibhakabhakeni.

10Ndabuza ke apho kweso sithunywa sasithetha nam, ndathi: “Ngaba bayisa phi ibhaskiti leyo?”

11Saphendula sathi: “Bayisa ezweni laseShinare apho iza kwakhelwa indlu khona. Xa seyigqityiwe ukwakhiwa loo ndlu, le bhaskiti iya kubekwa apho kwisiza sayo.”

UZakariya 6

Umbono weenqwelo zokulwa ezine

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Ndiphindile ke kwakhona ndakhangela ndabona iinqwelo ezine zokulwa
ziphuma phakathi kweentaba ezimbini, ntaba ezo zizezobhedu.

2Le yokuqala yayitsalwa ngamahashe abomvu, eyesibini itsalwa ngamahashe
amnyama,

3eyesithathu ke ingamahashe amhlophe,kanti ke le yesine yayitsalwa
ngamahashe amvubo-mazimba.

4Ndabuza apho kweso sithunywa sasithetha nam ndathi: “Nkosi yam, ngaba
zithetha ntoni ezi zinto?”

5Isithunywa siphendule sathi kum: “Le yimimoya emine esuka phambi
kweNkosi yehlabathi liphela.

6Laa nqwelo itsalwa ngamahashe amnyama iya kwelasentla, le yamahashe
amhlophe ibheka ngasentshona, ize le yamahashe amvubo iye kwelasezantsi.”

7La amvubo wona ayengasaziva selengxamele ukutyhutyha ihlabathi lonke.
Isithunywa ke sathi kuwo: “Hambani nilityhutyhe ihlabathi lonke.” Aza ke
alihamba lonke ihlabathi.

8Ke kaloku sabhekisa kum sathi: “Laa mahashe aye kwelasentla asa uMoya
wam khona.”

Isithsaba sikaYoshuwa

9Ilizwi likaNdikhoyo lafika kum lathi:

10“Thatha ezaa zipho zivela kubathinjwa ababuye eBhabheli, uHeledayi,
uTobhiya, noYedaya, uye nazo kwangaloo mini kwindlu kaYosiya unyana
kaZefaniya.

11Ngaloo golide nesiliva bayinikeleyo yenza isithsaba, uthwese umbingeleli
omkhulu uYoshuwa unyana kaYozadaki.

12Mxelele ukuba uNdikhoyo onamandla onke uthi: ‘Umfo ekuthiwa
lihlumelo uya kuhluma kule ndawo, ayivuse indlu kaNdikhoyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

13Ewe, nguye oya kuyakha indlu kaNdikhoyo, aze avathiswe ngobuhandiba,
ahlale esihlalweni, alawule, abe ngumbingeleli apho esihlalweni sakhe. Ke
kobakho imvisiswano phakathi kwesi sibini.'

14Ke isithsaba siya kunikezelwa kuHeledayi, noTobhiya, noYedaya, kunye
noHelem unyana kaZefaniya, ibe sisikhumbuzo endlwini kaNdikhoyo.

15Abantu abahlala kwelikude baya kuza baze bancedise ekwakheni indlu
kaNdikhoyo. Kwakuba njalo ke uya kuqonda ukuba ngenene uNdikhoyo
onamandla onke undithumile kuwe. Le nto ke iya kwenzeka ukuba ulithobele
ngenyameko izwi likaNdikhoyo uThixo wakho."

UZakariya 7

Okufunekayo kukunyaniseka ngaphezu kokuzila ukutya

1Ke kaloku ilizwi likaNdikhoyo lafikela uZakariya ngomhla wesine
kwinyanga yethoba uKislevu, kunyaka wesine wolawulo lukakumkani
uDariyo.

2Abantu baseBhetele bathumela uSherezere noRegem-meleki namanye
amadoda ukuba baye endlwini kaNdikhoyo, bathandazele intsikelelo
kaNdikhoyo,

3babuze kubabingeleli bendlu kaNdikhoyo onamandla onke
nakubashumayeli, bathi: "Ngaba kusafuneka siqhubele phambili silile, sizile
nokutya na, nangale yesihlanu inyanga, njengoko siqhele ukwenza iminyaka
ngeminyaka?"

4Ilizwi likaNdikhoyo onamandla onke lafika kum lisithi:

5"Baxelele bonke abantu beli lizwe, ngokunjalo nababingeleli, uthi: 'Ngokuya
benizila ukutya nilila kwinyanga yesihlanu neyesixhenxe, kule minyaka
imashumi asixhenxe idlulileyo, ngaba benizila ukutya nizilela mna ngqo?

6Xa benisitya nisela beningenzeli ezenu iziqu isidlo?

7Asingawo la amazwi kaNdikhoyo awabhengezwa ngabashumayeli
bamandulo, xenikweni iJerusalem needolophu eziyingqongileyo bezimiwe

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ngabantu zinenkqubela, nditsho zona kunye nelasezantsi namathambeka asentshonalanga?’ ”

8Ilizwi likaNdikhoyo liphinde lafika kuZakariya lisithi:

9“Utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: ‘Wisani izigwebo ezinyanisekileyo, nenzelane ububele nenceba omnye nomnye.

10Musani ukubacinezela abahlolokazi neenkedama, ngokunjalo nabangeneleli kunye namahlwempu, ningayili ububi ezintliziyweni zenu omnye komnye.’

11“Kodwa zange bavume ukundiphulaphula, suka baneenkani, bandifulathela, neendlebe zabo bazivingca.

12Ewe, iintliziyo zabo zasuka zaba lukhuni okwenyengane, abavuma ukuwaphulaphula amazwi kaNdikhoyo onamandla onke, lawo wayewathumele ngoMoya wakhe kubashumayeli bamandulo. Ngoko ke uNdikhoyo onamandla onke waba nomsindo.

13“UNdikhoyo onamandla onke uthi: ‘Ndathi ndakuthetha abaphulaphula; ngoko ke nabo bathi bakukhala andasabela.

14Ndasuka ndabachitha-chitha ngesaqhwithi, bathi saa ezizweni, baba ziimbacu. Ilizwe labo lasala libharhile, kungekho nomntu lo ongenayo nophumayo. Kwaba njalo ke ukulibharhisa kwabo ilizwe elihle.’ ”

UZakariya 8

Ukusikelelwa kweJerusalem

1Laphinda lafika ilizwi likaNdikhoyo onamandla onke lisithi:

2“Utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: Ndinekhwele elikhulu ngeZiyon; ewe, ikhwele lam lishushu ngakuyo.”

3Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Ndiza kubuyela eZiyon, ndime eJerusalem. IJerusalem kothiwa sisixeko senyaniso, ke yona intaba kaNdikhoyo onamandla onke kothiwa yintaba engcwele.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: “Ezitalatweni kuya kubakho amaxhego namaxhegokazi atotobayo, elowo ephethe umsimelelo esandleni sakhe,

5kananjalo izitalato zizale ngamakhwenkwe namantombazana adlala kuzo.”

6Utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: “Inokubonakala ingummangaliso kumasalela abantu ngelo xesha, kodwa ingaba ingummangaliso na kum, mna Ndikhoyo onamandla onke?” Ewe, utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi:

7“Abantu bam ndiya kubahlangula kuloo mazwe asempuma nasentshona.

8Ewe, ndobabuyisa beze kuma eJerusalem. Bona baya kuba ngabantu bam, mna ndibe nguThixo wabo, ndinyaniseke kubo, ndibaphathe ngobulungisa.”

9Utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: “Maziqine iingalo zenu, niyakhe indlu yonqulo, nina eniwevayo la mazwi athethwayo ngabashumayeli ababekho xa kwakubekwa isiseko sendlu kaNdikhoyo onamandla onke.

10Ngaphambi kwelo xesha bekungekho mali yakuqesha mntu okanye silwanyana. Wonke umntu ohambayo ebesemngciphekweni weentshaba. Kaloku ndabenza abantu bonke elowo achasane nommelwane wakhe.

11Kambe ke ngoku amasalela abantu bam andiyi kuwaphatha njengoko ndênjenjalo mandulo,” utsho uNdikhoyo onamandla onke.

12“Imbewu iya kukhula kakuhle, izidiliya zivelise iziqhamo, umhlaba unike isivuno, izulu lihlise umbethe. Zonke ke ezi zinto ndiya kuzinika zibe lilifa kumasalela aba bantu.

13Bantu bakwaJuda nakwaSirayeli, benisoloko nisisigculelo seentlanga, kodwa ke ngoku ndiza kunihlangula nitsho nibe yintsikelelo. Ngoko ke yomelelani, izandla zenu zingawi.”

14Kaloku utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: “Ngokuya babendicaphukisile ooyihlo ndazimisela ukubazisela isithwakumbe. Ewe, zange ndiyijike loo nto ndada ndabe ndiyenzile,” utsho uNdikhoyo onamandla onke.

© 1996 Bible Society of South Africa.

15“Kambe ke ngoku ndizimisele ukuyenzela okulungileyo iJerusalem nendlu
kaJuda. Ngoko ke musani ukoyika.

16Nazi ke izinto emanizenze: Thethani inyaniso omnye komnye. Gwebani
ngobulungisa ezinkundleni zenu, nditsho ubulungisa obuzala uxolo.

17Sanukuceba amayelenqe ngabamelwane benu, ningakuthandi ukufunga
ubuxoki. Kaloku mna ndizithiyile zonke ezi zinto,” utsho uNdikhoyo.

18Lafika kum ilizwi likaNdikhoyo onamandla onke lisithi:

19“Utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: Inzila yokudla yenyanga yesine,
eyesihlanu, eyesixhenxe, neyeshumi, ziya kuba ngamatheko ovuyo nemincili
kwaJuda. Ngoko ke yithandeni inyaniso noxolo.”

20UNdikhoyo onamandla onke uthi: “Kuya kuza izizwe nabemi bezixeko
ezininzi,

21bathi abemi besinye isixeko baye kwesinye besithi: ‘Masihambe kwangoku
siye kumbongoza uNdikhoyo, simnqule uNdikhoyo onamandla onke; nam
ngokwam ndiya kuhamba.’

22Izizwe ezininzi neentlanga ezinamandla ziya kuza eJerusalem, khon' ukuze
zimnqule zimbongoze uNdikhoyo onamandla onke.”

23Utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: “Ngaloo mihla ke ishumi
lamadoda kwiilwimi zonke zeentlanga zoqokelelana kumJuda omnye,
zibambelele esondweni lengubo yakhe, zithi: ‘Sifuna ukuhamba nani, kuba
sivile ukuba uThixo unani.’ ”

UZakariya 9

Iintshaba zikaSirayeli ziyagwetywa

1Nalu udaba olindilisekileyo, nditsho ilizwi likaNdikhoyo elichasene nelizwe
laseHadraki. Lona luya kuyifikela iDamasko, kuba kaloku amehlo
kaNdikhoyo akuluntu lonke, nkqu nazo zonke izizwe zikaSirayeli.

2Luza kuyifikela iHamati esemideni, lutsho kwiTire neSidon, nangona
zilumkile kakhulu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

3ITire yona izakhele inqaba. Isiliva iyifumbe ngathi luthuli, igolide ngathi yinkunkuma yesitalato.

4UNdikhoyo uza kuyohlutha yonke into enayo, awaphelise amandla enawo elwandle. Yosuka ilenywe ngumlilo.

5IAshkelon yobona inkwantye, iGaza izibhija-bhije ikhwina ziintlungu. Nethemba le-Ekron ngokwayo lovuthuluka. IGaza yona yophulukwa yikumkani yayo, iAshkelon itsho ilil' ibhungane.

6IAshdode yomiwa yimigqakhwe; ndolinqamla ikratshi lamaFilistiya.

7Ndiya kuyihlutha inyama enegazi emilonyeni yabo, ndiyikhuphe phakathi kwamazinyo abo inyama engumnikelo kwizithixo. Amasalela abo oba ngakaThixo wethu, abe ngathi yenye yezindlu zikaJuda, iEkron yona ifane namaJebhusi.

8Ndoyikhusela indlu yam kumkhosi oyayo nobuyayo, kungabi sabakho mbandezeli odlula phakathi kwabo. Kaloku bajongwe ndim ngoku.

Ukuza kokumkani

9Vuya ngenene, ntombindini inguZiyon! Danduluka, wena ntombi inguJerusalem! Khangela, ukumkani wakho uza kuwe enobulungisa, engumoyisi, ethobekile, ekhwele idonki, nditsho ithole, inkonyane yedonki.

10Ndiya kuzohlutha iinqwelo zokulwa kwaEfrayim, namahashe emfazwe eJerusalem, ke lona utolo lwemfazwe ndiluvikive. Ukumkani wovakalis' uxolo ezizweni, ulawulo lwakhe loziqhakamishel' iilwandle; luya kusuka kumlambo iEfrati, luye kuthi xhaxhe ngeziphelo zehlabathi.

Ibuyambo

11Ke nina okunokwenu ngenxa yegazi lomnqophiso ndobakhulula abantu bakowenu abangamabanjwa, baphume emhadini ongenamanzi.

12Buyelani kuyo inqaba, nina mabanjwa anikwe ithemba. Namhlanje ndiyanazisa: ndonibuyisela ngokuphindiweyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

13Kuba uJuda ndimbhetya okwesaphetha, uEfrayim yena abe litolo lam.
Ndophekuza ngoonyana bakho, Ziyon, babe njengekrele legorha, ndibalekuze
oonyana bakho, lizwe lamaGrike.

14UNdikhoyo uya kuvela phezu kwabo, utolo lwakhe lumenyeze
njengombane, itsho ngexilongo iNkosi uNdikhoyo, ingqishe okwezaqhwithe
zasezantsi.

15UNdikhoyo onamandla onke wobakhusela, batsho bazitshabalalise iintshaba
zabo ngamatye eenkwitshi, benze intswahla okwabasele iwayini. Boba
yinyhididi ligazi lotshaba, bafane nezitya ezizele ligazi ledini, nqwa neekona
zeqonga lamadini mhla ngomnikelo.

16Ngaloo mini ke uNdikhoyo uThixo wabo wobasindisa. Kaloku bona baba
ngabantu abangumhlambi wakhe. Bobengezela elizweni lakhe oku kwamatye
exabiso ahombisa isithsaba.

17Hayi ukuba nomtsalane nokuba kuhle kwelo lizwe! Ingqolowa yobatsho
babe nenkqubela abafana, namagqiyazana abe njalo yiwayini entsha!

UZakariya 10

UThixo uyawabonelela amaJuda

1Entlakohlaza celan' imvula kuNdikhoyo. Nguye umenzi wamafu esiphango.
Abantu ubanika izandyondyo zemvula, amadlelo uwatsho avelisele abantu
uhlaza.

2 Imilonde-khaya ithethe inkohliso, izangoma zibone imibono yobuxoki.
Nabaphuphayo balawula imfeketho; suka benze intuthuzelo elambathayo.
Abantu batsho babhadula njengeegusha; babandezelekile kukuswel' umalusi.

3“Bayandicaphukisa aba belusi. Ndosuka ndizohlwaye ezi nkokheli. Kaloku
uNdikhoyo onamandla onke ubakhathalele abo bangumhlambi wakhe;
nditsho indlu kaJuda. Wobenza babe njengehashe elidliselayo emfazweni.

4Kuye uJuda kovela ilitye lembombo; sophuma kuye isikhonkwane sentente;
lovela kwakuye utolo lwemfazwe; ewe, bophuma kuye abalawuli.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5Bonke ke boba ngamagorha, utshaba balunyhashe ezitalatweni ezinodaka.
Baya kulwa ngobukroti, kuba uNdikhoyo ungakubo, bawatsho adane amajoni
akhwele amahashe.

6“Ndiza kuyomeleza indlu kaJuda, ndiyihlangule indlu kaJosefu. Ewe, ndoba
nebuyambo ngakubo; kaloku mna ndinenceba ngabo. Boba ngathi zange
ndibalahle. Kaloku mna ndinguNdikhoyo uThixo wabo, ndaye ke
ndobaphendula.

7AmaEfrayim osuka abe ngamagorha; zosuka zichwayite iintliziyo zabo,
ngathi' arhabule iwayini. Abantwana bawo baya kubona bavuye, ichwayite
intliziyo yabo nguNdikhoyo.

8Ndobakhweba ndize ndibaqokelele. Ngenene ndiza kubahlangula, babe
yinyambalala njengamandulo.

9Nakuba ndabasarhaza ezizweni, kodwa nakwelikude baya kundikhumbula.
Bona ndawonye nenzala yabo bosinda, baze babuyele ekhaya.

10Ndiya kubakhupha ezweni laseJiputa, ndibaqokelele naseAsiriya.
Ndobabuyisela eGiliyadi naseLebhanon, kangangokuba kungabikho ndawo
inokubanela.

11Bophumela kulwandle lweenkathazo, amaza alatyuzayo atsho athozame,
iziziba zeNayile zome qoko. Iqhayiya leAsiriya lotshitsha, iJiputa itsho
ilahlekane nomsimbithi wokulawula.

12Mna Ndikhoyo ndoba nabantu bam, ndibomeleze; baya kuhamba egameni
lam.” Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo.

UZakariya 11

1Khawuvul' iingcango zakho, Lebhanon, khon' ukuze umlilo uyilenye loo
misedare yakho.

2Bhomboloza, wena mpayini; kaloku wona umsedare uwile, yatsho
yavuthuluka imithi yodidi. Jwedani nihlahlambe, mioki yaseBhashan; kaloku
intshinyela yehlathi igeciwe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

3Khawuve, nâso isimbonono sabelusi; loo madlelo angayiwayo atshabalele. Yiva, nanko umgqumo weengonyama ezintsha; intshinyela yamatyholo aseJordan ibharhile.

Abelusi ababini

4 UNdikhoyo uThixo wam uthi: “Zaluse iigusha ezilungiselelwa ukuxhelwa.

5Abathengi bazo bayazixhela bangohlwaywa noko. Abathengisi bazo bathi: ‘Makabongwe uNdikhoyo, ndisisityebi!’ Kwa-abelusi bazo abo abanalusini ngakuzo.

6Ngoku sobe ndibe savelana nabantu beli lizwe,” nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo. “Umntu ngamnye ndomnikezela esandleni sommelwane wakhe nokumkani wakhe. Bona bosuka balilawule ngengcinezelo ilizwe; ke mna andiyi kubahlangula esandleni sabo.”

7Ngoko ke ndawalusa umhlambi oza kuxhelwa, ingakumbi ke lowa wawuphatheke kakubi. Ndathatha iinduku zambini, enye yazo ndathi nguThandekile, eyesibini ndathi nguManyano, ndawalusa ngazo umhlambi.

8Ngenyanga enye ndabagxotha abelusi abathathu. Kaloku basuka bandicaphukela, nam ke ndasuka ndakruquka,

9ndathi: “Andiyi kuphinda ndibe ngumalusi. Ezifayo mazife, zitshabalale ezo zitshabalalayo. Ke zona eziseleyo iyileyo naleyo mazitye inyama yenye.”

10Ndasuka ke ndathatha laa nduku inguThandekile, ndayaphula nditshitshisa umnqophiso endawenzayo nazo zonke izizwe.

11Ngaloo mini ke waphuthiswa, waza nomhlambi ophatheke kakubi owandibonayo waqonda ukuba lilizwi likaNdikhoyo elo.

12Ke mna ndathi kubo: “Ukuba leyo yeyona nto ingcono kuni, ndinikeni intlawulo yam, kodwa ke, ukuba aniboni njalo, yigcineni.” Baza ke bandihlawula iingqekembe zesiliva ezimashumi mathathu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13UNdikhoyo ke wathi kum: “Yiphose kumbumbi – nditsho elo xabiso lingako abandithengise ngalo!” Ngoko ke ndazithatha ezo ngqekembe zesiliva ezimashumi mathathu, ndaziphosa kumbumbi endlwini kaNdikhoyo.

14Ndayaphula ke nenduku yesibini ekuthiwa nguManyano; ndaba ngolo hlobo ndibuphelisile ubuzalwane phakathi kukaJuda noSirayeli.

15Waza wathi ke uNdikhoyo kum: “Phinda uthathe izikrweqe zomalusi osisityhakala.

16Kaloku kweli lizwe ndiza kuvelisa umalusi ongazikhathaleleyo ezilahlekileyo, ongawananzanga amatakane, engazibophi azinyange nezenzakeleyo; ongazondliyo nezo ziphilileyo; othe phithi kukutya inyama yezityebileyo, ade akhukhuze namanqina.

17“Mawoo, loo malusi ungento, into esuka iwushiye umhlambi! Akwaba ikrele lingamqhokr' ingalo, limtyhumfuze iliso lasekunene. Ngamana yabuna ngokupheleleyo ingalo yakhe, iliso lasekunene lityhaphake tu.”

UZakariya 12

Ibuyambo kwiJerusalem

1Nalu udaba olundilisekileyo, nditsho ilizwi likaNdikhoyo elisingisele kumaSirayeli. UNdikhoyo ongumtwabululi wesibhakabhaka, ongumseki wehlabathi, ongumdali wobomi bomntu, uthi:

2“IJerusalem ndoyenza ibe yindebe ehexisayo kuzo zonke izizwe eziyingqongileyo. IJerusalem iya kungqingwa kunye nazo zonke iidolophu zakwaJuda.

3Ngaloo mihla iJerusalem ndoyenza ifane nelitye elinzima kunene, yaye ke nabani na ozama ukuliphakamisa losuka limgcimfize. Zonke izizwe zehlabathi zodibana ziyihlanganyele.

4Ngaloo mini, utsho uNdikhoyo, ndowarhwaqelisa onke amahashe abo, batsho baphakuzele abaphezu kwawo. Indlu kaJuda yona ndiya kuyilondoloza; ke wona amahashe onke eentlanga ndowabetha ngobumfama.

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Iinkokheli zakwaJuda zosuka zithi ezintliziyweni zazo: ‘Abantu baseJerusalem bomelele, kuba uThixo wabo nguNdikhoyo onamandla onke.’

6“Ngaloo mini iinkokheli zakwaJuda ndozenza zibe njengomlilo ophenjwe ehlathini okanye isikhuni esintumeka izithungu zengqolowa. Ziya kuzitshabalalisa zonke izizwe ezimjikelezileyo, nditsho ekunene nangasekhohlo. Ke yona iJerusalem iya kuphinda imiwe kwasendaweni yayo.

7“UNdikhoyo uya kuqala ngokuhlangula imizi yakwaJuda, ukuze isidima sendlu kaDavide neso siya kuzuzwa ngabemi baseJerusalem singasidluli esakwaJuda.

8Ngaloo mini ke uNdikhoyo uya kubakhusela abemi beJerusalem, khon' ukuze nelona bhetyebhetye phakathi kwabo lomelele njengoDavide. Isizukulwana sendlu kaDavide siya kuba phambili, sifane nesithunywa sikaNdikhoyo, sibe njengoThixo ngenkqu.

9Ngaloo mini ndiya kukulungela ukuzitshabalalisa zonke izizwe ezihlasela iJerusalem.”

Ukuzila eJerusalem

10“Indlu kaDavide ngokunjalo nabantu baseJerusalem ndiya kubathululela umoya wenceba nowokutarhuzisa. Baya kuthi besakujonga kum, mna lowo bamhlabileyo, basuke bangqukruleke ngesililo, babe ngathi bakhalela umntwana okuphela kwakhe; ewe, baya kutsho ngesofelweyo ngunyana olivela-tanci.

11Ngaloo mini isililo esiseJerusalem soba sikhulu njengeso sokulilela uHadade-rimoni kumathafa aseMegido.

12Ilizwe liya kuzila, umzi ngamnye uwodwa, nabafazi bawo bebodwa. Yoba yindlu kaDavide nabafazi bayo, ibe yindlu kaNatan nabafazi bayo,

13ibe yindlu kaLevi nabafazi bayo, ibe yindlu kaShimeyi nabafazi bayo,

14ize ibe zizindlu zonke eziseleyo, iyileyo iyodwa, nabafazi bebodwa.”

UZakariya 13

© 1996 Bible Society of South Africa.

Ukuhlanjululwa

1“Ngaloo mini indlu kaDavide nabemi baseJerusalem bovulelwa umthombo
wokuhlambulula isono nokungcola.

2“Ngaloo mini ndowasusa amagama ezithixo elizweni, angabi sakhunjulwa
mpela,” utsho uNdikhoyo onamandla onke. “Ndiya kubasusa elizweni
abashumayeli ndawonye nomoya ongcolileyo.

3Kothi ke, xa kukho nabani na osashumayelayo, uyise nonina abo bamzeleyo
bothi kuye: ‘Ufanelwe kukufa, kuba uthetha ubuxoki egameni likaNdikhoyo.’
Ukuba ùthe washumayela ke wogwazwa ngunina noyise abamzeleyo.

4“Ngaloo mini umshumayeli ngamnye woba neentloni ngombono wakhe xa
ashumayelayo, angabi sayambatha ingubo yoboya ekhohlisa abantu.

5Ndaweni yaloo nto uya kusuka athi: ‘Andinguye umshumayeli; mna
ndingumlimi. Lowo yaba ngumsebenzi wam oko ndabakho.’

6Xa omnye embuza esithi: ‘Ngawani loo manxeba asemzimbeni?’ Wophendula
athi: ‘Ngamanxeba endiwafumene endlwini yabahlobo bam.’ ”

Ukuchithakala komhlambi

7 UNdikhoyo onamandla onke uthi: “Vuka, krelendini! Vukelana nomalusi
wam, nditsho lo mfo usondeleyo kum. Ewe, bulala umalusi; iigusha ziya
kuchithakala. Ke mna ndosisa isandla sam ngaphezu kwezincinane.”

8Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Ehlabathini jikelele isibini esithathwini sobethwa
siwe phantsi sife, ke sona isinye esithathwini sisale.

9Isinye esithathwini ke eso mna ndosifaka emlilweni, ukuze sihlambuluke
sibe nyulu oku kwesiliva evavanyiweyo, nditsho oku kwegolide
enyibilikisiweyo. Baya kulibiza igama lam, ndize mna ndibaphendule. Ndiya
kuthi: ‘Bangabantu bam.’ Bona bathi: ‘UNdikhoyo nguThixo wethu.’ ”

UZakariya 14

UNdikhoyo uya kulawula

© 1996 Bible Society of South Africa.

1Ke kaloku iyeza imini kaNdikhoyo apho amaxhoba athinjwe kuni aya kwabiwa nikhangele.

2Ndiya kuzihlanganisa izizwe zonke zize kulwa neJerusalem. Isixeko siya kuthinjwa, imizi ikhuthuzwe, abafazi badlwengulwe. Isiqingatha sabemi besixeko siya kuthinjwa, baze abantu abaseleyo bayekwe apho esixekweni.

3Ke uNdikhoyo uya kuphuma alwe nazo ezo zizwe njengoko wayesilwa ngemini yedabi.

4Ngaloo mini iinyawo zakhe ziya kuma ngxishi phezu kweNtaba yemiNquma ephambi kweJerusalem ngasempuma. Ke yona iNtaba yemiNquma iya kucandeka kubini ukusuka empuma kuye entshona, kuthi zinzi intili enkulu ngokugqithisileyo. Isiqingatha sentaba siya kunyukela emantla, size ke sona esinye sihlele ngezantsi.

5Ke nina niya kusaba ngenkalo yeentaba zam, kuba intili yezo ntaba iya kunaba iye kuthi xhaxhe ngeAzele. Nina niya kubhaca nixelise ngokuya ooyihlo-mkhulu babebaleka inyikima, ngemihla kaUziya ukumkani wakwaJuda. Uya kwandula abonakale ke yena uNdikhoyo uThixo wam, esiza ephahlwe zizo zonke iingcwele zakhe.

6Ngaloo mini kobe kungekho kukhanya, kungekho ngqele naqabaka.

7Koba yimini eyodwa, engenamini nabusuku – imini eyaziwa nguNdikhoyo. Kwakufika ukuhlwa kobakho ukukhanya.

8Ngaloo mini ke kuya kumpompoza amanzi aphilisayo, ephuma eJerusalem, isiqingatha sawo sinkcenkcezele ulwandle lwasempuma,size ke esinye siye kungena kulwandle lwasentshona. Koba njalo ehlotyeni nasebusika.

9Ke uNdikhoyo uya kuba ngukumkani wehlabathi jikelele. Ewe, ngaloo mini iya kuba nguNdikhoyo yedwa, igama lakhe libe kuphela kwagama elitshatsheleyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

10Wonke lo mhlaba, ukusuka eGebha ngasentla, kuthi xhaxhe ngeRimon ezantsi kweJerusalem, uya kuba sisithabazi sethafa. Ke yona iJerusalem iya kuwuvelela lo mhlaba isesikhundleni sayo. Isixeko siya kuqalela kwiSango lakwaBhenjamin, siye kuthi rhece kwiSango laMandulo, siye kutsho kwiSango leKona, siphume kwinqaba yakwaHananeli, sijonge kwizixovulelo zewayini zakomkhulu.

11Abantu ke baya kuhlala kuyo, ingaze iphinde itshatyalaliswe, yona iJerusalem ihlale ikhuselekile.

12UNdikhoyo uya kuzihlisela isibetho zonke izizwe ezilwe neJerusalem. Imizimba yabo iya konakala ibole lo gama besemi ngeenyawo zabo, ngokunjalo namehlo abo emakrolomeni, neelwimi zabo emilonyeni.

13Ngaloo mini uNdikhoyo uya kubahlisela ukunkwantya okukhulu abantu, umntu ngamnye axhakamfule isandla somnye, bahlaselane.

14Abemi bakwaJuda nabo baya kulwa eJerusalem. Baya kuxhaphaza amaxhoba kuzo zonke izizwe ezingabamelwane, bazenzele kubutyebi bazo – igolide, isiliva, nempahla yokunxiba, xa zizonke ke ngendlu yazo.

15Kwaeso sibetho siya kufikela amahashe, iimeyile, iinkamela, needonki, nayo yonke imfuyo ekwezo kampu zeentshaba.

16Ke kaloku amasalela azo zonke izizwe kwezo zazihlasela iJerusalem, minyaka le ngexesha letheko lamaphempe aya kuya kunqula akhahlele uKumkani, uNdikhoyo onamandla onke.

17Xa kukho isizwe ehlabathini apha esingavumiyo ukuya kunqula uKumkani onguNdikhoyo onamandla onke eJerusalem yosuka ingani imvula kuso.

18Nesizwe samaJiputa xa sithe sala ukuya, naso asiyi kuyifumana imvula – naso siya kuhlelwa sisibetho esihlela izizwe ezingavumiyo ukuya kubhiyozela itheko lamaphempe.

19Eso ke iya kuba sisohlwayo kwiJiputa nazo zonke izizwe ezingathathi nxaxheba kwitheko lamaphempe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

[20]Ngaloo mini neentsimbi zamahashe ziya kukrolwa umbhalo othi: “YekaNdikhoyo pheleleyo.” Iimbiza ezisendlwini zikaNdikhoyo nazo ziya kuba ngcwele kanye oku kwezitya zeqonga lamadini.

[21]Yonke into eyimbiza eJerusalem nakwaJuda iya kuba ngcwele, isetyenziswe xa kunqulwa uNdikhoyo onamandla onke. Abantu abenza amadini baya kusebenzisa zona xa bepheka inyama yamadini. Ngaloo mini ke akusayi kubakho bantu bashishinayo kwindlu kaNdikhoyo onamandla onke.

© 1996 Bible Society of South Africa.

UMalaki

UMalaki 1

Intshayelelo

1Nalu udaba olundilisekileyo, nditsho ilizwi likaNdikhoyo kumaSirayeli eleza
noMalaki.

Ukuthandwa kukaSirayeli

2 UNdikhoyo uthi: “Ndiyanithanda.” Kodwa nina nithi: “Usithanda njani?”
Utsho ke uNdikhoyo ukuthi: “UEsawu asimtakwabo-Yakobi na? Kanti
uYakobi yena ndimthandile,

3ndaza uEsawu ndamthiya, nomhlaba wakhe weentaba ndawutsho waba
yinkangala, ilifa lakhe laba leleempungutye zasentlango.”

4AmaEdom angasuka athi: “Nakuba sikhahlelwe phantsi nje, kodwa sosuka
siwavuse siwakhe la mabhodlo.” Ke utsho uNdikhoyo onamandla onke
ukuthi: “Makakhe kaloku, kodwa mna ndosuka ndidilize konke nje. Kuya
kuthiwa bangummandla wobugwenxa, abantu abasoloko bephantsi
kwengqumbo kaNdikhoyo.

5Nani ke niya kuyibona ngawenu amehlo le nto, nitsho nithi: ‘Hayi ke kambe
ubungangamsha bukaNdikhoyo! Bufikelela nangaphaya kwemida
yakwaSirayeli!’ ”

Amadini angamkelekanga

6“Unyana uyamhlonela uyise, kanti nesicaka siyayithobela inkosi yaso. Ukuba
ke mna ndinguyihlo, kuphi ukuhlonitshwa kwam? Ukuba ndiyinkosi, kuphi
ukoyikwa kwam?” Utsho uNdikhoyo onamandla onke. “Nini,
babingelelindini, abalidelayo igama lam.” “Ke nina nithi: ‘Silidele ngokuthini
igama lakho?’

7“Nibeka ukutya okungcolileyo eqongeni lam lamadini, nibe kodwa nisithi:
‘Sikunyelise ngokuthini?’ “Ewe, ngokuthi kwenu: ‘Isithebe sikaNdikhoyo
sidelekile.’

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Ningathini ukundenzela idini ngento etyhaphakileyo? Asiyonto imbi na leyo? Ningathini ukundenzela amadini ngempahla eqhwalelayo negulayo? Asiyonto imbi na leyo? Ninganikela ngayo na kwirhuluneli yenu? Ngaba inganeliseka na nguwe?” Utsho uNdikhoyo onamandla onke.

9“Ke ngoko khanimbongoze uThixo ukuze asenzele inceba! Oku kwenziwe zizandla zenu; ngaba uya kunamkela na?” Utsho uNdikhoyo onamandla onke.

10“Akwaba bekungakho ubani kuni owavalayo amasango ale ndlu, ukuze niyeke ukwenza imililo ephuthileyo kweli qonga! Andanelisekanga tu nini, futhi andiyi kwamkela nto esandleni senu.” Utsho uNdikhoyo onamandla onke.

11“Ukususela empumalanga, kuye entshonalanga, igama lam loba yimbalasane ezizweni. Ewe, kuyo yonke indawo igama lam lenzelwa iziqhumiso, kunikelwa iminikelo ehlambulukileyo; kaloku igama lam liyimbalasane ezizweni.” Utsho uNdikhoyo onamandla onke.

12“Ewe, nilixabhele igama lam ngokuthi: ‘Isithebe sikaNdikhoyo singcolile, nokutya okuphezu kwaso kuyanyanyeka.’

13Niphinde nithi: ‘Kwekh' olu xanduva!’ Nitsho nisisinekele.” Utsho uNdikhoyo onamandla onke. “Xa nindizisela imphahla ebiweyo neqhwalelayo negulayo, nindenzela amadini ngayo, nithi mandiyamkele ezandleni zenu loo nto?” Utsho uNdikhoyo.

14“Hay' ishwangusha kumntu onobuqhopholo, othi enalo iduna elingenasiphako kumhlambi wakhe, abhambathise ukunikela ngalo, kodwa abuye enze ubuqili anikele ngelinesiphako eNkosini! Kaloku ndiyingangalala yokumkani, negama lam liyoyikeka phakathi kweentlanga.” Utsho uNdikhoyo onamandla onke.

UMalaki 2

Ukukhalinyelwa kwababingeleli

1“Ngoko ke lo myalelo ubhekiswa kuni, babingelelindini.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

2 UNdikhoyo onamandla onke uthi: “Ukuba aniphulaphuli nizimisele
ngeentliziyo zenu ukulihlonela igama lam, ndiya kunithumela ishwangusha,
nentsikelelo yenu ndiyenze ibe lishwangusha. Ngenene sendiqalile
ukunishwabulela ngenxa yokuba ningazimiselanga ukundihlonela
ngeentliziyo zenu.

3“Niyabona, ndosinqamla isizukulwana senu, ubuso benu ndibutyabeke
ngomswane, nize nilahlwe kunye naloo mswane.

4Noqala niqonde ke ukuba ndaninika lo myalelo ukuze umnqophiso wam
noLevi ungaze wanqamka.” Utsho uNdikhoyo onamandla onke.

5“Umnqophiso wam noLevi wawungowobomi noxolo, ndaza ke ndamnika ezo
zinto ukuze andihlonele. Ngenene wandihlonela, waloyika igama lam.

6Imfundiso ephuma emlonyeni wakhe yayinyanisekile, kungafumaneki
nkohliso emilebeni yakhe. Wahamba nam enoxolo nangokuthe ngqo,
wabuyisa abantu abaninzi ebugwenxeni.

7“Imilebe yombingeleli imelwe kukugcina ulwazi, abantu bafumane umyalelo
emlonyeni wakhe, kuba kaloku ungumthunywa kaNdikhoyo onamandla onke.

8Kambe ke, nina babingeleli, indlela niyityeshele. Imfundiso yenu ikhubekise
abantu abaninzi. Niwonakalisile umnqophiso obuphakathi kwam noLevi.”
Utsho uNdikhoyo onamandla onke.

9“Ngenxa yoko nam ndonenza nideleke, nibe ngabahlazekileyo ebantwini
bonke. Kaloku anizigcinanga iindlela zam, suka naba nesheyi kwimicimbi
ephathelele emthethweni.”

Ukunganyaniseki kuThixo

10Andithi na kaloku mnye ubawo wethu? Asidalwanga nguThixo omnye
sonke na? Ngani ke ukuba singanyaniseki omnye komnye, futhi siwuxabhele
umnqophiso owenziwa nguThixo noobawo?

11Abantu bakwaJuda bazaphule izibhambathiso; benze amasikizi
kwelakwaSirayeli naseJerusalem. Ewe, abantu bakwaJuda basixabhele

© 1996 Bible Society of South Africa.

isibingelelo asithandayo uNdikhoyo, batshata neentombi ezinqula uthixo wasemzini.

12Ngamana ke uNdikhoyo wamsika kumzi wakwaYakobi nabani na owenza isikizi elinje, nokuba angade azise iminikelo kuNdikhoyo onamandla onke.

13Nantsi enye into eniyenzayo: Iqonga likaNdikhoyo nilitsho lithi gwantyi ziinyembezi, nintywizisa nincwina, kuba engasayise so iminikelo yenu, engasayamkeli ngothakazelelo ezandleni zenu.

14Ke nina nithi: “Ngaba kutheni?” Kungenxa yokuba uNdikhoyo eyazi into eyenzekileyo phakathi kwakho nomfazi wobutsha bakho. Kaloku uzaphule izithembiso owazenza kunye naye, yena mlingane wakho, nditsho umfazi wakho onqophisene naye.

15Andithi na kaloku uNdikhoyo indoda nomfazi wabenza baba banye ngomzimba nangomoya? Ngani abenze babe banye? Wayefuna babe nenzala emhlonelayo uThixo. Ngoko ke wulawuleni umoya wenu, ungazaphuli izithembiso ozenze nomfazi wobutsha bakho.

16“Ndiluthiyile uqhawulo-mtshato,” utsho uNdikhoyo uThixo kaSirayeli. “Indoda eyenjenjalo imambathisa ngenkohlakalo umfazi wayo,” utsho uNdikhoyo onamandla onke. Ngoko ke wulawuleni umoya wenu, ningazaphuli izithembiso zenu.

Umhla wokugweba

17 UNdikhoyo udiniwe ngamazwi enu, nibe nisithi: “Simdinise ngantoni?” Nimdinise ngokuthi: “Bonke abenzi bobubi balungile emehlweni kaNdikhoyo; yena wanelisekile ngabo.” Kwakhona ke nina nithi: “Yaz'ba uphi na uThixo wobulungisa?”

UMalaki 3

1“Uyabona ke, ndiyasithuma isigidimi sam esiza kundigabulela izigcawu. Ke yona iNkosi le niyilindeleyo yosuka ifike ngequbuliso kule ndlu yayo, nditsho uMthunywa woMnqophiso enimlangazelelayo.” Utsho uNdikhoyo onamandla onke.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Yaz'ba ngubani na oya kuba nako ukuyinyamezela loo mini yokugaleleka
kwakhe? Ingubani onokumelana naye akuthi gqi? Kaloku wofana nqwa
nesephu ecocayo, abe matwa nomlilo wokunyibilikisa.

3Uya kuba eze kugweba, afane nomnyibilikisi ocwenga isiliva negolide. Naye
ke uya kubahlambulula abaLevi, abacwenge oku kwegolide nesiliva, ukuze
babe nako ukuzisa iminikelo kuNdikhoyo benobulungisa.

4Ke kaloku iminikelo yakwaJuda neyaseJerusalem iya kwamkeleka
kuNdikhoyo njengakwimihla yakudala neminyaka yamandulo.

5UNdikhoyo onamandla onke uthi: “Ndiya kufika ndize kunigweba. Ngoko
nangoko ndiya kubabek' ityala bonke abenza imilingo, abakrexezayo,
abangqina ubuxoki, nabaqeshi abaqhatha abaqeshwa ngemivuzo yabo, nabo
baxhaphaza abahlolokazi neenkedama nabangeneleli, nabo bonke
abangandihloneliyo.”

Ubuqhopholo kwizishumi

6“Mna ndinguNdikhoyo ongajika-jikiyo. Ke nina, nzala kaYakobi,
anikatshabalali kwaphela.

7Ukususela kwimihla yooyihlo niyityeshele imimiselo yam, anayigcina.
Ngoko ke uNdikhoyo onamandla onke uthi: ‘Buyelani kum; nam ndobuyela
kuni.’ “Niyabuza ke nisithi: ‘Masibuyele kuwe njani na?’

8“Umntu angamqhatha na uThixo? Kanti nina niyandiqhatha! “Nobuza ke
nithi: ‘Sikuqhatha kanjani na?’ “Kaloku nindenzela ubuqhopholo
kwizishumi nakwiminikelo.

9Xa ninonke ke, isizwe sonke, niqalekisiwe kuba niyandiqhatha.

10“Izishumi ziziseni ziphelele endlwini enguvimba wam ukuze kubekho
ukutya endlwini yam. Khanindivavanye kulo mbandela,” utsho uNdikhoyo
onamandla onke, “nibone ukuba andiyi kuwavula na amasango ezulu,
ndinithululele iintsikelelo, nditsho nangaphezu kokufuna kwenu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11Izinambuzane ndozithintela zingazitshabalalisi izilimo zenu, nemidiliya yenu emasimini ingaphulukani neziqhamo zayo.” Utsho uNdikhoyo onamandla onke.

12“Ke izizwe zonke zotsho zithi nithamsanqelekile, kuba ilizwe lenu loba lelihle kunene.” Utsho uNdikhoyo onamandla onke.

Izithembiso zokwenzelwa inceba

13“Nithethe amazwi aqatha ngam,” utsho uNdikhoyo. “Kambe ke nina nithi: ‘Sithethe ntonitna ngawe?’

14“Kaloku nithi: ‘Kulilizé ukukhonza uThixo. Kube yinzuzoni na kuthi ukugcina oko akulindeleyo? Kusincede ntoni ukuhamba okwabazilileyo phambi koNdikhoyo onamandla onke?

15Kakade, abanekratshi ngabona bathamsanqelekileyo! Abantu abenza izinto ezimbi bayaphumelela; uThixo bayamnyola, bajike basinde.’ ”

16Ke bona abamhlonelayo uNdikhoyo babencokola bodwa, waza weva waphulaphula uNdikhoyo. Phambi kwakhe kwabhalwa incwadi yesikhumbuzo yâbo bamhlonelayo belinika imbeko igama lakhe.

17UNdikhoyo onamandla onke uthi: “Ngaloo mini ndikwenzayo oku bona baya kuba ngabantu bam abaxabisekileyo. Ndiya kuba nobubele kubo oku koyise onobubele kunyana wakhe osebenzisana kunye naye.

18Nobuya ke niwubone umahluko phakathi kwelungisa nesikhohlakali, nditsho phakathi komkhonzayo uThixo nalowo ungamkhonziyo.”

UMalaki 4

1 UNdikhoyo onamandla onke uthi: “Inene iyeza imini evutha okweziko apho bonke abakhukhumeleyo nabenzi bobubi baya kutsha njengomququ. Ewe, ngaloo mini baya kutsha baphele tu, kungasali sebe nangcambu.

2Ke kuni, nina balihlonelayo igama lam, ilanga lobulungisa liya kuphuma linempilo emaphikweni alo. Niya kukhululeka nidlobe njengamankonyana ephuma esibayeni.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Ngemini endikwenzayo oku abakhohlakeleyo niya kubanyhasha; kaloku baya kuba luthuthu phantsi kweentende zeenyawo zenu.” Utsho uNdikhoyo onamandla onke.

Ukuthunywa kukaEliya

4“Ze niwukhumbule umyalelo wesicaka sam uMosis, nditsho loo mimiselo naloo miqathango ndayinikela uSirayeli ngoMosis eHorebhe.

5“Niyabona, phambi kwaloo mini kaNdikhoyo inkulu yoyikekayo ndiya kunithumela umshumayeli uEliya.

6“Ke yena uya kuziguqulela koonyana iintliziyo zooyise, aze aziguqulele kooyise iintliziyo zoonyana, okanye bendiya kuza ndilitshabalalise ngokupheleleyo ilizwe.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

isiXhosa - All Bible

UMatewu

UMatewu 1

Umlibo wokuzalwa kukaYesu Krestu
(Luka 3:23-38)

1Nanku umlibo wokuzalwa kukaYesu Krestu, unyana kaDavide, unyana ka-
Abraham.

2UAbraham wazala uIsake; uIsake wazala uYakobi; uYakobi wazala uJuda
nabantakwabo;

3uJuda wazala uPerezi noZera, abanina wabo unguTamare; uPerezi wazala
uHezeron; uHezeron wazala uAram;

4uAram wazala uAminadabhi; uAminadabhi wazala uNashon; uNashon
wazala uSalman;

5uSalman wazala uBhowazi, onina unguRahabhi; uBhowazi wazala uObhedi,
onina unguRute; uObhedi wazala uJese;

6uJese wazala uDavide ukumkani. UDavide wazala uSolomon, onina
wayengumka-Uriya;

7uSolomon wazala uRewobhowam; uRewobhowam wazala uAbhiya; uAbhiya
wazala uAsa;

8uAsa wazala uYoshafati; uYoshafati wazala uYoram; uYoram wazala u-
Uziya;

9u-Uziya wazala uYotam; uYotam wazala uAhazi; uAhazi wazala uHezekiya;

10uHezekiya wazala uManase; uManase wazala uAmon; uAmon wazala
uYosiya;

11uYosiya wazala uJoyakin nabantakwabo ngemihla yokufuduselwa kwabo
eBhabheli.

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Emva kokufuduselwa kwabo eBhabheli uJoyakin wazala uShalatiyeli;
uShalatiyeli wazala uZerubhabheli;

13uZerubhabheli wazala uAbhihudi; uAbhihudi wazala uEliyakim; uEliyakim
wazala uAzore;

14uAzore wazala uZadoki; uZadoki wazala uAkim; uAkim wazala uElihudi;

15uElihudi wazala uElazare; uElazare wazala uMatan; uMatan wazala
uYakobi;

16uYakobi wazala uJosefu, umyeni kaMariya, unina kaYesu, lo kuthiwa
nguKrestu.

17Izizukulwana bezilishumi elinane ukususela kuAbraham kuye kuDavide;
zilishumi elinane ukususela kuDavide kuye ekufuduselweni kwabo eBhabheli;
zikwalishumi elinane ukususela ekufuduselweni kwabo eBhabheli kuye
ekuzalweni kukaKrestu.

Ukuzalwa kukaYesu Krestu
(Luka 2:1-7)

18Ukuzalwa kukaYesu Krestu kwakungolu hlobo: UMariya, unina,
wayesendela kuJosefu, bengekatshati, kwabonakala ukuba uMoya
oyiNgcwele wenze ukuba abe nzima.

19Ke uJosefu, umyeni wakhe, wayelilungisa, engafuni ukumhlaza uMariya,
waza wazimisela ukumala ngasese.

20Esazicinga ezi zinto, naso isithunywa seNkosi sibonakala kuye ephupheni,
sisithi: “Josefu, nyana kaDavide, sukoyika ukumthatha uMariya abe ngumfazi
wakho, kuba oko akukhawuleyo kungoMoya oyiNgcwele.

21Úya kuzala unyana, ùmthiye igama elinguYesu, kuba nguye oya
kubasindisa abantu bakhe ezonweni zabo.”

22Konke oku kwênzeka ukuze lizaliseke ilizwi leNkosi elathethwa
ngumshumayeli, esithi:

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

23“Niyabona, intombi le iya kumitha, izale unyana, abizwe ngokuba
nguImanuweli” (oko kukuthi “uThixo unathi”).

24Akuvuka ebuthongweni uJosefu, wênza njengoko isithunywa seNkosi
besitshilo kuye, wamthatha uMariya, waba ngumfazi wakhe;

25kodwa akahlanganananga naye de wamzala unyana wakhe. UJosefu ke
wamthiya igama elinguYesu.

UMatewu 2

Iingcali zeenkwenkwezi ezavela empumalanga

1Kwathi akuba uYesu ezelwe eBhetelehem kwaJuda, ngemihla kakumkani
uHerode, kwabonakala kufika iingcali zeenkwenkwezi eJerusalem, zivela
empumalanga,

2zisithi: “Uphi na lo kumkani wamaJuda uzelweyo? Sibone inkwenkwezi
yakhe empumalanga; ke size kumnqula.”

3Akukuva oku ukumkani uHerode, wakhathazeka, nayo yonke iJerusalem.

4Ebahlanganisile ke bonke ababingeleli abaziintloko nabachazi-mthetho
balapho, wabuza kubo ukuba uKrestu ubeya kuzalelwa phi na.

5Bathi kuye: “EBhetelehem kwaJuda, kuba kubhaliwe ngumshumayeli
kwathiwa:

6“ ‘Wena Bhetelehem, sithili sakwaJuda, akunguye oyena udelekileyo
kubalawuli bakwaJuda, kuba kuwe kuya kuphuma uMlawuli oya kuba
nguMalusi wabantu bam amaSirayeli.’ ”

7UHerode ke uzibizele ngasese iingcali ezo, waqondisisa kakuhle kuzo ixesha
lokubonakala kwenkwenkwezi leyo.

8Wazithumela eBhetelehem, esithi: “Hambani niye kubuzisa kakuhle
ngomntwana lowo. Ze nithi ke, nakumfumana, nindixelele, ukuze nam ndiye
kumnqula.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Zakuba zimvile ukumkani, iingcali zahamba; nantso inkwenkwezi leyo
zayibonayo empumalanga, izikhokela, de yaya kuma phezu kwendawo
abekuyo umntwana lowo.

10Zathi ke, zakuyibona inkwenkwezi, zavuya gqitha.

11Zingenile endlwini, zambona umntwana enoMariya unina, zaqubuda,
zamnqula; zaza zathi, zivule iingxowa zazo, zanikela kuye ngezipho: igolide,
intlaka yokuqhumisa, nentlaka yokuqhola.

12Zathi ke, ziyalelwe nguThixo ephupheni ukuba zingabuyi ziye kuHerode,
zemka ngandlela yimbi ukuya kwelakowazo.

UYesu usiwa eJiputa

13Zakuba zimkile iingcali, kwabonakala isithunywa seNkosi kuJosefu
ephupheni, sisithi: “Vuka, uthathe umntwana nonina, ubalekele eJiputa,
uhlale apho de ndikuxelele, kuba uHerode uzimisele ukumbulala umntwana.”

14Wavuka ke uJosefu, wamthatha umntwana nonina ebusuku, wabalekela
eJiputa,

15wahlala khona de wabhubha uHerode. Oku kwênzeka ukuze lizaliseke
ilizwi leNkosi elathethwa ngumshumayeli, lisithi: “Ndambiza unyana wam
waphuma eJiputa.”

UHerode ubulala abantwana baseBhetelehem

16Ke kaloku uHerode, akubona ukuba iingcali zeenkwenkwezi zimkhohlisile,
waba nomsindo kakhulu, wayalela ukuba kubulawe bonke abantwana
abangamakhwenkwe abaseBhetelehem nakuwo wonke loo mmandla,
abaminyaka mibini bezelwe nangaphantsi, elungelelanisa nexesha
abeliqondisise kakuhle kwiingcali.

17Kwazaliseka ke ngoko okwathethwayo ngumshumayeli uJeremiya esithi:

18“ERama kwavakala isililo nesijwili esikhulu, uRakeli elilela abantwana
bakhe, engavumi ukuthuthuzeleka, kuba babengasekho.”

UYesu ubuyiswa eJiputa

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Akuba ebhubhile uHerode, nâko kubonakala isithunywa seNkosi kuJosefu
ephupheni eseJiputa,

20sisithi: “Vuka, uthathe umntwana nonina, uye kwelakwaSirayeli, kuba
bafile abo babefuna ukumbulala umntwana.”

21Wavuka, wamthatha umntwana nonina, waya kwelakwaSirayeli.

22UJosefu akuva ukuba uArkelawo ungukumkani kwelakwaJuda esikhundleni
sikayise uHerode, woyika ukuya khona; wathi, eyalelwe nguThixo ephupheni,
wemka waya kwiphondo laseGalili,

23waya kuhlala kwidolophu ekuthiwa yiNazarete. Oku kwênzeka ukuze
kuzaliseke okwathethwayo ngabashumayeli, besithi wobizwa ngokuba
ngumNazarete.

UMatewu 3

UYohane umbhaptizi

(Marko 1:1-8; Luka 3:1-18; Yoh 1:19-28)

1Ke kaloku ngaloo mihla kwafika uYohane umbhaptizi eshumayela entlango
yelakwaJuda,

2esithi: “Guqukani, kuba ulawulo lukaThixo lusemnyango!”

3Ngulo ke wayexela yena umshumayeli uIsaya xa wayesithi: “Kuvakala ilizwi
lodandulukayo entlango, lisithi: ‘Yilungiseleleni indlela iNkosi, niyihlahlele
umgaqo wayo.’ ”

4UYohane lo wayesambatha ingubo yoboya benkamela, abhinqe
ngethwathwa. Ukutya kwakhe kwakuziinkumbi nobusi.

5Babephuma besiya kuye abantu baseJerusalem, nabakulo lonke elakwaJuda,
nabommandla wonke waseJordan.

6Babezixela izono zabo, aze ababhaptize emlanjeni iJordan.

7Ke kaloku, akubona into eninzi yabaFarasi nabaSadusi besiza ekubhaptizeni
kwakhe, uYohane wathi kubo: “Nzalandini yamarhamba, ngubani na
onilumkisileyo ukuba niyibaleke ingqumbo ezayo?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Ke ngoko velisani iziqhamo ezifanele inguquko.

9Ze ningafane nithi: ‘Siyinzala ka-Abraham.’ Ndiyanixelela mna, uThixo unako kuwo la matye ukumvelisela abantwana uAbraham.

10Kanti ke izembe selikulungele ukuyinqumla ezingcanjini imithi. Ngoko ke wonke umthi ongavelisi siqhamo sihle uyagawulwa utshiswe.

11Mna okunene ndinibhaptiza ngamanzi, ndibonisa ukuguquka kwenu; kodwa lowo uzayo emva kwam unamandla kunam. Andikufanelanga nokukhulula izihlangu ezi zakhe. Yena uya kunibhaptiza ngoMoya oyiNgcwele nangomlilo.

12Ingobozi isesandleni sakhe. Uya kukwela kuthi tu okusesandêni, ayigalele kuvimba ingqolowa. Ke wona umququ uya kuwutshisa ngomlilo ongacimiyo.”

Ukubhaptizwa kukaYesu
(Marko 1:9-11; Luka 3:21-22)

13Wafika eJordan uYesu, evela eGalili, eze kubhaptizwa nguYohane.

14UYohane ke wayengavumi, esithi: “Indim nje ofanele ukubhaptizwa nguwe, nguwe na oza kum?”

15Waphendula uYesu wathi kuye: “Vuma okwangoku, kuba kusifanele thina ukwenjenjalo, ukuze senze konke okufunwa nguThixo.” Wavuma ke uYohane.

16Ebhaptiziwe uYesu, waphuma kwangoko emanzini. Lasuka izulu lavuleka, wabona uMoya kaThixo enjengehobe esihla esiza kuye.

17Kwavakala izwi, livela ezulwini, lisithi: “Lo nguNyana wam endimthandayo; ndikholisiwe nguye.”

UMatewu 4

Ukuhendwa kukaYesu
(Marko 1:12-13; Luka 4:1-13)

1Waza uYesu wakhokelelwa entlango nguMoya, ukuba ahendwe ngumtyholi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Uthe ke, ezile ukutya iintsuku ezimashumi mane, walamba ekupheleni kwazo.

3Wafika umhendi, wathi kuye: “Ukuba unguye uNyana kaThixo, yitsho la matye abe zizonka.”

4Waphendula yena wathi: “ IziBhalo zithi: ‘Umntu akaphili ngasonka sodwa; uphila ngamazwi onke athethwa nguThixo.’ ”

5Umtyholi ke wasa uYesu kwisiXeko esiNgcwele, wammisa phezu kwendlu kaThixo,

6wathi kuye: “Ukuba unguye uNyana kaThixo, ziphose ezantsi phaya; kuba iziBhalo zithi: “ ‘UThixo uya kuziwisela umthetho ngawe izithunywa zakhe; ziya kukufunqula, hleze ukhubeke elityeni.’ ”

7UYesu wathi kuye: “IziBhalo zikwathi: ‘Uze ungayilingi iNkosi uThixo wakho.’ ”

8Kwakhona umtyholi wasa uYesu entabeni ephakame kakhulu, wambonisa onke amazwe ezikumkani zehlabathi, nobuhle bazo,

9wathi kuye: “Zonke ezi zinto ndokunika, ukuba uthe wazithoba wandinqula.”

10Waza wathi kuye uYesu: “Hamb' umke, Sathana; kuba iziBhalo zithi: ‘Uze unqule iNkosi uThixo wakho, ukhonze yona yodwa.’ ”

11Waza umtyholi wamyeka uYesu, zafika izithunywa zezulu zamlungiselela.

UYesu uyaqala ukufundisa
(Marko 1:14-15; Luka 4:14-15)

12Ke uYesu akuva ukuba uYohane ubanjiwe, wahamba waya kwelaseGalili.

13Wemka ke eNazarete, wafudukela eKapernahum ngaselwandle, emideni yakwaZebhulon neyakwaNafetali.

14Kwazaliseka ke ngoko okwathethwayo ngumshumayeli uIsaya esithi:

© 1996 Bible Society of South Africa.

15“Wena sithili sakwaZebhulon, nawe sithili sakwaNafetali, nina
eningakwindlela yaselwandle, phesheya kweJordan, nina baseGalili
yeentlanga,

16bantu ababehleli ebumnyameni, niboné ukukhanya okukhulu; nina
enanihleli ezweni nasethunzini lokufa, nivelelwe kukukhanya.”

17Ukususela ngoko uYesu washumayela esithi: “Guqukani, kuba ulawulo
lukaThixo lusemnyango.”

Ukubizwa kwabafundi bokuqala
(Marko 1:16-20; Luka 5:1-11)

18Kuthe uYesu ehamba ngakuLwandle lwaseGalili wabona abantu ababini,
uSimon, lo kuthiwa nguPetros, noAndreya, umninawe wakhe, bephosa
umnatha elwandle, kuba babengabalobi.

19Wathi kubo: “Ndilandeleni; ndonenza abalobi babantu.”

20Bayishiya kwangoko ke iminatha yabo, bamlandela.

21Uthe ke, ehambele phambili esuka apho, wabona omnye umntu
nomntakwabo, uYakobi unyana kaZebhedi, noYohane umninawe wakhe,
besesikhitshaneni noZebhedi uyise, belungisa iminatha yabo; wababiza ke.

22Basishiya kwangoko isikhitshana noyise, balandela uYesu.

UYesu uyafundisa aphilise
(Luka 6:17-19)

23UYesu wayelityhutyha lonke elaseGalili, efundisa ezindlwini zesikhungo,
evakalisa iindaba ezimnandi zolawulo lukaThixo, ephilisa abantu kwizifo
zonke nemikhuhlane yonke.

24Lwaphuma udumo lwakhe, lwavakala kulo lonke elaseSiriya, babazisa kuye
bonke abagulayo, benezifo neentuthumbo, nabaphethwe ziindimoni,
nabanesithuthwane, nabafe umzimba, waza wabaphilisa.

25Ke izihlwele zabantu zazimlandela uYesu, zivela eGalili, nakwiiDolophu
eziliShumi, naseJerusalem, nakwelakwaJuda, naphesheya kweJordan.

UMatewu 5

© 1996 Bible Society of South Africa.

Intshumayelo yasentabeni: Abanoyolo
(Luka 6:20-23)

1Akusibona isihlwele sabantu, uYesu wenyuka intaba; kwathi, akuhlala
phantsi, beza kuye abafundi bakhe;

2waza wabafundisa, esithi:

3“Banoyolo abo bazilahlela kuThixo, kuba balawulwa nguThixo bona!

4Banoyolo abo basezintsizini, kuba baya konwatyiswa nguThixo bona!

5Banoyolo abo balulamileyo, kuba baya kwabelwa ihlabathi nguThixo bona!

6Banoyolo abo balambela banxanelwe ubulungisa, kuba baya kwaneliswa
nguThixo bona!

7Banoyolo abo banenceba, kuba baya kwenzelwa inceba nguThixo bona!

8Banoyolo abo bantliziyo ihlambulukileyo, kuba baya kumbona uThixo bona!

9Banoyolo abo bangabaxolisi, kuba uThixo uya kuthi bangabantwana bakhe!

10Banoyolo abo batshutshiswayo ngokuba besenza ubulungisa, kuba
balawulwa nguThixo bona!

11“Ninoyolo nina xa bathe abantu baningcikiva ngenxa yam, benitshutshisa,
bethetha zonke izinto ezikhohlakeleyo ngani bexoka.

12Vuyani ke, nigcobe, kuba ninomvuzo omkhulu ezulwini. Kakade
babesenjenjalo abantu ukubatshutshisa abashumayeli ababekho ngaphambi
kwenu. ”

Ityiwa nokhanyiso lwehlabathi
(Marko 9:50; Luka 14:34-35)

13“Niyityiwa yehlabathi nina. Ke ukuba ityiwa ithe yaphelelwa sisongo,
yothiwani na ukubuyiselwa isongo sayo? Ayisenamsebenzi; kuphela kukuba
ilahlwe phandle, inyathelwe ngabantu.

14“Nina nilukhanyiso lwehlabathi. Umzi omi phezu kwentaba
awunakufihlakala.

© 1996 Bible Society of South Africa.

15Kananjalo isibane asilunyekwa siqutyudelwe ngethunga; koko sixhonywa endaweni yaso, sikhanyisele bonke abasendlwini.

16Makukhanye ngokukwanjalo ukukhanya kwenu phambi kwabantu, ukuze bayibone imisebenzi yenu elungileyo, bamdumise uYihlo osezulwini.”

Ukuzalisekiswa komthetho kaMosis

17“Ze ningabi ndize kuchitha umthetho kaMosis nomyalelo wabashumayeli bamandulo. Andizanga kuchitha; ndize kuzalisekisa.

18Inene, lingaphela izulu nehlabathi, kodwa akuyi kupheliswa nalinye iganyana nokuba lisuntswana emthethweni, kungathanga kwenzeka konke.

19Ke ngoko othe wajika nokuba mnye kule mithetho mincinane, wakufundisa abantu oko, kothiwa ungoyena mncinane kwabalawulwa nguThixo. Kanti ke othe wawenza umthetho, wawufundisa, woba newonga kwabalawulwa nguThixo.

20Inene, ukuba anithanga naba ngamalungisa kunabachazi-mthetho nabaFarasi, soze nibe ngabalawulwa nguThixo. ”

Malunga nomsindo
(Luka 12:57-59)

21“Nivile ukuba kwathiwa kubantu bakudala: ‘Uze ungabulali;’kusithiwa: ‘Othe wabulala usisisulu somgwebo.’

22Ke mna ndithi kuni, wonke umntu osuka amqumbele uwabo usisisulu somgwebo. Nothi kuwabo: ‘Ntw' ingento,’ usisisulu sokugwetywa yinkundla ephakamileyo. Ke othi: ‘Siyathandini,’ usisisulu sesihogo somlilo.

23Ke ngoko, ukuba usondeza esibingelelweni into oyinikela kuThixo, wathi ulapho wakhumbula ukuba uwenu unendawo ngakuwe,

24wushiye apho umnikelo wakho phambi kweqonga lamadini, uhambe uye kuxolisana nowenu kuqala, uze emva koko uwusondeze umnikelo wakho.

25“Visisana kamsinya nokumangalelayo, usesendleleni kunye naye, hleze ummangaleli wakho akunikele kumgwebi, aze umgwebi akunikele epoliseni, uze uphoswe entolongweni.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

26Inene, akusayi kuphuma apho de uhlawule neyona malana yokugqibela.”

Malunga nokrexezo

27“Nivile ukuba kwathiwa: ‘Uze ungakrexezi.’

28Ke mna ndithi kuni, wonke umntu okhangela umntu obhinqileyo embawela, uselekrexezile entliziyweni yakhe.

29Ukuba iliso lakho lasekunene liyakulahlekisa, lincothule ulilahle. Kukulungele kanye ukuba kutshabalale libe linye emalungwini akho, kunokuba umzimba wakho uphela uphoswe esihogweni.

30Nokuba isandla sakho sokunene siyakulahlekisa, sinqumle usilahle. Kukulungele kanye ukuba kutshabalale libe linye emalungwini akho, kunokuba umzimba wakho uphela uye esihogweni.”

Malunga noqhawulo-mtshato
(Mat 19:9; Marko 10:11-12; Luka 16:18)

31“Kwathiwa: ‘Othe wamala umfazi wakhe, makamnike incwadi yoqhawulo-mtshato.’

32Ke mna ndithi kuni, othe wamala umfazi wakhe, engakrexezanga umfazi lowo, woba uyamkrexezisa; nothe wazeka loo mfazi waliweyo, uyakrexeza.”

Malunga nokufunga

33“Kananjalo nivile ukuba kwâthiwa kubantu bakudala: ‘Uze ungafungi buxoki. Xa uthe wasenza isifungo, uze ukwenze oko uthembise ngako phambi kweNkosi.’

34Ke mna ndithi kuni, maningakhe nifunge nento le; nokuba lizulu, ngokuba likomkhulu likaThixo;

35nokuba lihlabathi eli, ngokuba lingamathânga akhe; nokuba yiJerusalem, ngokuba ngumzi weKumkani yeekumkani.

36Uze ungayifungi nentloko yakho, ngokuba ungenako ukwenza nalunye unwele lube mhlophe okanye lube mnyama.

© 1996 Bible Society of South Africa.

37Uewe wenu makabe nguewe, nohayi abe nguhayi. Okugqithe koko kuvela kongendawo.”

Malunga nempindezelo
(Luka 6:29-30)

38“Nivile ukuba kwâthiwa: ‘Iliso maliphindezelwe ngeliso, nezinyo liphindezelwe ngezinyo.’

39Ke mna ndithi kuni, musani ukuziphindezela kulowo unonayo. Othe wakuqhwaba kwisidlele sokunene, mguqulele nesinye.

40Nalowo ufuna ukukusa enkundleni, akuhluthe isambatho sangaphantsi, myekele nesokwaleka.

41Ukuba onegunya ukunyanzela ukuba uhambe ikhilomitha ibe nye, hamba neyesibini.

42Mphe lowo ucelayo, nalowo ufuna ukuboleka kuwe ungambandezi.”

Malunga nokuthanda iintshaba
(Luka 6:27-28, 32-36)

43“Nivile ukuba kwathiwa: ‘Mthande umhlobo wakho, uluthiye utshaba lwakho.’

44Ke mna ndithi kuni, zithandeni iintshaba zenu, nibathandazele abo banitshutshisayo,

45ize nibe ngabantwana boYihlo osezulwini, yena ovelisa ilanga phezu kwabakhohlakeleyo nabalungileyo, anise nemvula phezu kwabalungisayo nabangalungisiyo.

46Xa nithe nathanda abo banithandayo nina, ninamvuzo mni ke? Kakade àbenzi kwaloo nto, yini na, nabaqokeleli-rhafu?

47Naxa nithi nibulise amawenu odwa, ningcono ngantoni na kunabanye abantu? Abenzi kwaloo nto, yini na, nabantu abangakholwayo?

48Njengoko uYihlo osezulwini anothando olugqibeleleyo, nani yibani ngabagqibeleleyo. ”

© 1996 Bible Society of South Africa.

UMatewu 6

Malunga namalizo

1“Lumkani, okulungileyo enikwenzayo ningakwenzi phambi kwabantu
ngenjongo yokuba banibone. Nákwenjenjalo aninamvuzo kuYihlo osezulwini.

2Ke ngoko, xa sukuba usipha ihlwempu, uze ungemi phezu kwendlu
umemeze, njengokuba besenjenjalo abahanahanisi ezindlwini zesikhungo
nasezitalatweni, ukuze banconywe ngabantu. Inene, sebewufumene umvuzo
wabo.

3Ke wena, xa sukuba usipha ihlwempu, masingakwazi isandla sakho
sasekhohlo okwenziwa sisandla sakho sasekunene,

4ukuze ke izinwe zakho zingabonwa ngabantu, ze ke uYihlo obona
okwenzeka emfihlekweni akuvuze yena ekuhleni.”

Malunga nokuthandaza
(Luka 11:2-4)

5“Xa uthandazayo, uze ungabi njengabahanahanisi, bona bathand'
ukuthandaza bemi ezindlwini zesikhungo nasezikoneni zezitalato, ngenjongo
yokuba babonwe ngabantu. Inene, sebewufumene umvuzo wabo.

6Ke wena, xa uthandazayo, ngena egumbini lakho, uluvale ucango, uthandaze
kuYihlo ongabonwayo. Ke uYihlo, yena obona okwenzeka emfihlekweni,
wokuvuza.

7“Ngoko ke, xa nithandazayo, ze ningenzi milembelele ingento,
njengabangakholwayo, bona baba boviwa ngenxa yamazwi abo amaninzi.

8Ze ningafani nabo, kuba uYihlo uyakwazi enikusweleyo ningekaceli.

9Thandazani ke ngoko nina nithi: “ ‘Bawo wethu osezulwini: Malaziwe
lihlonelwe igama lakho,

10malongame ulawulo lwakho, makwenziwe ukuthanda kwakho, emhlabeni
njengasezulwini.

11Sibonelele kwiintswelo zethu zemihla ngemihla;

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12usixolele amatyala ethu, njengokuba nathi sibaxolela abasonayo;

13ungasiyekeli ekulingweni, koko sihlangule kumtyholi; [kuba ngenene nguwe olawulayo, namandla ngawakho, nodumo, kude kube ngunaphakade! Amen.]'

14"Kaloku xa nibaxolela abantu izigqitho zabo, uYihlo osezulwini wonixolela nani.

15Xa ningabaxoleli abantu izigqitho zabo, noYihlo akayi kunixolela iziphoso zenu."

Malunga nokuzila ukutya

16"Xa nizila ukutya, ze ningabi njengabo bazenzisayo, abazifanisa nabahluphekileyo. Kaloku babenza bubi ubuso babo, ukuze babonwe ngabantu ukuba bazilile. Inene, sebewufumene umvuzo wabo.

17Ke wena, xa uzilayo, uzungayeki ukuthambisa intloko yakho nokuhlamba ubuso bakho.

18Kothi ke ukuzila kwakho kungabonakali ebantwini, koko kubonakale kuYihlo ongabonwayo, aze yena uYihlo obona okwenzeka emfihlekweni akuvuze."

Ubutyebi ezulwini
(Luka 12:33-34)

19"Ze ningaziqwebeli ubutyebi emhlabeni, apho konakalisa inundu nomhlwa, nalapho amasela aqhekezayo ebe.

20Koko ziqwebeleni ubutyebi ezulwini, apho kungonakalisi nundu namhlwa, nalapho amasela angaqhekeziyo ebe.

21Kaloku apho bukhoyo ubutyebi benu, yoba lapho nentliziyo yenu."

Isibane somzimba
(Luka 11:34-36)

22"Isibane somzimba liliso. Xa iliso lakho lilungile, umzimba wakho uphela uya kukhanyiseleka.

© 1996 Bible Society of South Africa.

23Kodwa ukuba iliso lakho alilunganga, umzimba wakho uphela woba sebumnyameni. Ke, ukuba ukukhanya okukuwe kububumnyama, koba mnyama kangakanani!”

Musani ukuxhala
(Luka 16:13; 12:22-31)

24“Akukho mntu unokukhonza iinkosi ezimbini, kuba uya kuyithiya le, ayithande leya, okanye abambelele kule, ayidele leya. Aninako ukukhonza uThixo kwanobutyebi.

25“Kungoko ndithi kuni, musani ukubuxhalela ubomi benu nisithi notya ntoni, nisele ntoni. Kwanomzimba wenu ze ningawuxhaleli, nisithi niya kunxiba ntoni. Ubomi abungaphezulu na kokutyiwayo; wona umzimba awungaphezulu na kokunxitywayo?

26Khaniqwalasele iintaka. Azihlwayeli, azivuni, azigcini siseleni, kanti uYihlo osezulwini uyazondla. Ke, kungakanani na ukuxabiseka kwenu kunazo!

27Nguwuphi na kuni onokuthi ngokuxhala abongeze nangemini enye le ubomi bakhe?

28“Kananjalo yini na ukuba nixhalele into yokunxiba? Khaniqwalasele ukukhula kweenyibiba zasendle; azisebenzi, azithungi nokuthunga;

29kanti ngenene, noSolomon kubo bonke ubunewu-newu bakhe,wayengavathiswanga nanjenganye yazo.

30Ukuba ke uThixo wenjenje ukuyambesa ingca yasendle, ethi namhlanje ibekho, ze ngomso iphoswe eziko, akayi kugqithisa na ukunambathisa nina, bantundini balukholo luncinane?

31“Musani ke ukuxhala, nisithi: ‘Sodla ntoni na; sosela ntoni na; sonxiba ntoni na?’

32Zezi zinto kanye abahlala besukelana nazo abangakholwayo beentlanga. Ke yena uYihlo osezulwini uyazi ukuba ezo zinto zonke ziyimfuneko kuni.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

33Ke ngoko kuqala zondelelani ukulawulwa nguThixo, nenze ubulungisa obufunwa nguye, waye ke yena eya kunongezelela zonke ezi zinto.

34Ngenxa yoko musani ukulixhalela ingomso. Ingomso liya kuxhalela okwalo. Ziyanele imini nganye iingxaki zayo."

UMatewu 7

Musani ukugweba
(Luka 6:37-38,41-42)

1"Musani ukugweba, ze nani ningagwetywa nguThixo –

2kuba ngokugweba enigweba abanye ngako, uThixo uya kunigweba kwangako nani; nendlela enabela abanye ngayo, nani niya kwabelwa kwangayo nguThixo.

3Yini na ukuba usibone isibi esiselisweni lowenu, kanti wona umqadi okwelakho iliso akuwuboni?

4Ungáthini ukuthi kuwenu: 'Khawume ndikhuphe isibi esiselisweni lakho,' kanti nango umqadi kwelakho iliso?

5Mhanahanisindini, wukhuphe kuqala loo mqadi ukwelakho iliso! Wôbona kakuhle ke, ube nako ukusikhupha isibi esiselisweni lowenu.

6"Musani ukukunika izinja okungcwele, kananjalo iiperile zenu musani ukuziphosa ezihagwini, hleze zizinyathele ngamanqina, zijike ziniqwenge."

Thandazani nizingisile
(Luka 11:9-13)

7"Celani nophiwa, funani nofumana, nkqonkqozani novulelwa;

8kuba wonke umntu ocelayo uyazúza, nalowo ufunayo uyafumana, nalowo unkqonkqozayo uyavulelwa.

9Ngubani na kuni onokuthi enonyana ocela isonka, asuke amnike ilitye;

10okanye athi, akucela intlanzi, asuke amnike inyoka?

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Ukuba ke ngoko nina, nikhohlakele nje, niyakwazi ukubapha abantwana benu izipho ezilungileyo, wobeka phi na ke yena uYihlo osezulwini ukugqithisa ukubapha okulungileyo abo bacelayo kuye?

12“Zonke izinto ke enifuna ukuba abantu bazenze kuni, yenzani ezikwanjalo nani kubo. Yiyo leyo ke intsingiselo yomthetho kaMosis nomyalelo wabashumayeli bamandulo.”

Isango elimxinwa
(Luka 13:24)

13“Ngenani ngesango elimxinwa, kungabi ngelibanzi, kuba abangena ngesango elibanzi, bahambe ngendlela ephangaleleyo, basinga entshabalalweni; yaye baninzi abenjenjalo.

14Ke abangena ngesango elimxinwa, bahambe ngendlela ecutheneyo, basinga ebomini; yaye bambalwa abenjenjalo.”

Imithi neziqhamo zayo
(Luka 6:43-44)

15“Balumkeleni abashumayeli abaxokayo, abo beza kuni bezifanisa neegusha, kanti ngaphakathi baziingcuka eziqwengayo.

16Nobaqonda ngezenzo zabo, njengokuba nemithi iqondwa ngeziqhamo zayo. Kakade, khe kukhiwe iidiliya emqaqobeni, okanye amakhiwane emngeni?

17Kaloku wonke umthi olungileyo uvelisa iziqhamo ezihle, kodwa wona umthi ongalunganga uvelisa iziqhamo ezibi.

18Umthi olungileyo awunakuvelisa ziqhamo zibi, nomthi ongalunganga awunakuvelisa ziqhamo zihle.

19Ke wonke umthi ongavelisi ziqhamo zihle uyagawulwa, uphoswe emlilweni.

20Ke ngoko abashumayeli abaxokayo nobaqonda ngezenzo zabo.”

Ukuva nokwenza
(Luka 13:25-27)

21“Asingabo bonke abathi kum: ‘Nkosi, Nkosi,’ abaya kubuxhamla ubuncwane bokulawulwa nguThixo; kuphela ngabayenzayo intando kaBawo osezulwini.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22Baninzi abaya kuthi kum ngaloo mini: ‘Nkosi, besingashumayeli egameni
lakho na, sikhuphe neendimoni ngegama lakho, size kwangegunya legama
lakho senze imimangaliso emininzi?’

23Ke mna ndiya kuthi kubo: ‘Andizange ndanazi; mkani kum, nina benzi
bokuchasene nomthetho.’ ”

Abakhi ababini
(Luka 6:47-49)

24“Wonke ke umntu owevayo la mazwi am, aze awenze, unokufanekiswa
nendoda eyingqondi, ethe yayakhela phezu kwesiseko samatye indlu yayo.

25Yana ke imvula, satsho isikhukula, wavuthuza umoya, yonke loo nto
yagaleleka kuloo ndlu; ayawa, kuba ibisekelwe.

26Ke wonke umntu owevayo la mazwi am, angawenzi, unokufanekiswa
nendoda esisiyatha, ethe yayakha entlabathini indlu yayo.

27Yana ke imvula, satsho isikhukula, wavuthuza umoya, yonke loo nto
yagaleleka kuloo ndlu; yawa, yadilika didli!”

UYesu ufundisa ngegunya

28Akuba ewathethile la mazwi uYesu, isihlwele sabantu samangaliswa
kukufundisa kwakhe,

29kuba wayefundisa ngegunya, engafundisi njengabachazi-mthetho.

UMatewu 8

Ukuphiliswa koneqhenqa
(Marko 1:40-45; Luka 5:12-16)

1Akuhla entabeni apho uYesu, walandelwa ngabantu abaninzi.

2Kwabonakala kusiza umntu oneqhenqa, owaqubuda phambi kwakhe, wathi:
“Nkosi, ndiyazi ukuba unako ukundihlambulula ukuba uyathanda.”

3Wasolula isandla uYesu, wamchukumisa esithi: “Ndiyathanda, hlambuluka.”
Lahlambuluka kwangoko iqhenqa lakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Waza wathi kuye uYesu: “Lumka ungaxeleli bani. Hamba uye kuzibonisa
kumbingeleli, wenze umnikelo wezo zinto uMosis wazimiselayo, ube
bubungqina ebantwini bokuhlanjululwa kwakho.”

Ukuphiliswa kwesicaka somphathi-butho
(Luka 7:1-10)

5Kwathi uYesu akungena eKapernahum, wahlangatyezwa ngumphathi-butho
wamajoni, owambongozayo

6esithi: “Nkosi, isicaka sam silele ngendlu. Asisaphakami; sithuthunjelwa
gqitha.”

7UYesu wathi kuye: “Ndofika ndisiphilise.”

8Waphendula umphathi-butho wathi: “Nkosi, andifanelekanga ukuba ungene
phantsi kwentungo yendlu yam. Thetha nje ilizwi; sophiliswa isicaka sam.

9Nam ndingumntu ophantsi kwegunya labanye, kwaye ndikwanamajoni
aphantsi kwam: kweli ndithi: ‘Yiya,’ liye; kweliya ndithi: ‘Yiza,’ lize;
kwisicaka sam ndithi: ‘Yenza oku,’ sikwenze.”

10UYesu wamangaliswa akukuva oku, waza wathi kwababemlandela: “Inene,
andikafumani namnye onokholo olungaka nkqu nakwaSirayeli.

11Ndithi kuni, baninzi abaya kuvela empumalanga nasentshonalanga babe
sesidlweni kunye noAbraham noIsake noYakobi apho lukhona ulawulo
lukaThixo olufezekileyo.

12Kodwa abo babekade bengabohlanga olulawulwa nguThixo bolahlelwa
phandle ebumnyameni lee, apho baya kulila khona bengcungcutheka.”

13Waza uYesu wathi kumphathi-butho: “Hamba ke; ngenxa yokuba ukholiwe,
wokwenzelwa oko.” Saza saphila kwangelo xesha isicaka eso.

Ukuphiliswa kwabaninzi
(Marko 1:29-34; Luka 4:38-41)

14UYesu waya kwaPetros, wabona umkhwekazi kaPetros elele ephethwe
yifiva.

© 1996 Bible Society of South Africa.

15Wabamba isandla sakhe; yamyeka ifiva, waphakama, walungiselela uYesu
ukutya.

16Kwakuhlwa kwaziswa kuYesu abantu abaninzi ababeneendimoni.
Wazikhupha ngelizwi ezo ndimoni, wabaphilisa bonke abantu ababegula.

17Oku wakwenza ukuze kuzaliseke ilizwi lomshumayeli uIsaya elithi:
“Wabuthathela kuye ubulwelwe bethu, wazisusa kuthi izifo zethu.”

Ukulandela uYesu
(Luka 9:57-62)

18UYesu akuyibona indimbane emngqongileyo, wayalela ukuba kuyiwe
phesheya koLwandle lwaseGalili.

19Kweza mchazi-mthetho uthile kuye, wathi: “Mfundisi, ndiya kuba
ngumlandeli wakho, ndiye naphi na apho uthe waya khona.”

20UYesu wathi kuye: “Iimpungutye zinemingxuma, neentaka zineendlwane,
kodwa yena uNyana woLuntu akanayo nendawo le yokufaka intloko.”

21Omnye umfundi wathi kuYesu: “Nkosi, ndivumele ndiye kungcwaba ubawo
kuqala.”

22UYesu wathi kuye: “Yiba ngumlandeli wam wena, ubayeke abafileyo,
bangcwabe abafileyo babo.”

UYesu uzolisa isaqhwithi
(Marko 4:35-41; Luka 8:22-25)

23Kwathi uYesu akukhwela esikhitshaneni, bahamba naye abafundi bakhe.

24Kwehla isaqhwithi esikhulu elwandle apho, kangangokuba isikhitshana
saphantse sagutyungelwa ngamaza. UYesu yena wayelele.

25Abafundi baya kuye, bamvusa, besithi: “Safa! Nkosi, sisindise!”

26Wathi kubo: “Kutheni na ukuba noyike kangaka, nina balukholo
luncinane?” Waphakama ke, wawukhalimela umoya namaza, kwabakho
ukuzola okukhulu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

27Bamangaliswa abantu, baza bathi: “He bethu, ngumntu onjani lo ode
alulanyelwe ngumoya nalulwandle!”

Ukuphiliswa kwababini baseGadara abaneendimoni
(Marko 5:1-20; Luka 8:26-39)

28UYesu wafika kummandla waseGadara ngaphesheya koLwandle lwaseGalili,
wadibana namadoda amabini awayevela emangcwabeni. Ayeneendimoni,
ekhohlakele kangangokuba kwakungekho mntu wayenokuhamba ngaloo
ndlela.

29Asuka akhala esithi: “Ufuna ntoni kuthi, Nyana kaThixo? Ngaba uze
kusivisa iintlungu na, kungekabi lilo ixesha lazo?”

30Mgama kwakukho umhlambi omkhulu weehagu edlelweni.

31Iindimoni zambongoza uYesu zisithi: “Ukuba uyasikhupha, sithumele kulaa
mhlambi weehagu.”

32Wathi kuzo: “Yiyani.” Zaphuma ke, zaya kungena ezihagwini. Wasuka
umhlambi lowo wonke waphaphatheka, wehla ethambekeni, weyela
elwandle, warhaxwa ngamanzi.

33Abalusi bezi hagu babaleka, bemka baya edolophini, bakuxela konke
okwenzekileyo, bekubalisa nokwenzeke kwababephethwe ziindimoni.

34Yaphuma ke yonke loo dolophu ukuba ibonane noYesu. Bakudibana naye
bambongoza okokuba aphume emideni yabo.

UMatewu 9

Ukuphiliswa kofe umzimba
(Marko 2:1-12; Luka 5:17-26)

1UYesu wakhwela esikhitshaneni, wawela uLwandle lwaseGalili, waya
edolophini yakowabo.

2Kwaza kwafika abantu bezise kuye ngokhuko indoda efe umzimba. UYesu
elubona ukholo lwabo, wathi kofe umzimba: “Yomelela, nyana! Izono zakho
zixolelwe.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Baza abathile kubachazi-mthetho bathetha bodwa besithi: “Lo mfo unyelisa uThixo!”

4UYesu ke, ezazi iingcamango zabo, wathi: “Kutheni na ukuba nibe neengcamango ezikhohlakele kangaka?

5Okukona kulula kukuphi na: kukho ukuthi: ‘Zixolelwe izono zakho,’ kukho nokuthi: ‘Vuka uhambe’?

6Ke ukuze nazi ukuba yena uNyana woLuntu unalo igunya lokuxolela izono emhlabeni apha – úthi kofe umzimba – vuka, uthathe ukhuko lwakho, uhambe ugoduke!”

7Waphakama ke, wagoduka.

8Bakukubona oku abantu, batsho boyika, bamdumisa uThixo, yena onika abantu igunya elingaka.

Ukubizwa kukaMatewu
(Marko 2:13-17; Luka 5:27-32)

9UYesu waphuma apho, wathi edlula, wabona indoda egama linguMatewu, ihleli eofisini yerhafu, wathi kuyo: “Ndilandele.” Yaphakama, yamlandela.

10Kwathi xa uYesu wayesitya endlwini, into eninzi yabaqokeleli-rhafu neyaboni yeza yahlala kunye naye nabafundi bakhe etafileni.

11Bakukubona oku abaFarasi, bâthi kubafundi bakhe: “Kutheni na okokuba umfundisi wenu atye kunye nabaqokeleli-rhafu naboni?”

12Ekuvile oko uYesu, wathi kubo: “Ugqirha akafuneki nganto kwabaphilileyo, ufuneka kwabagulayo.

13Khaniye kufunisisa okokuba ithetha ukuthini na le ndawo eziBhalweni ithi: ‘Ndithanda inceba, andithandi mbingelelo.’ Ke mna andizanga kubiza malungisa, ndize kubiza aboni.”

Ukuzila ukutya
(Marko 2:18-22; Luka 5:33-39)

© 1996 Bible Society of South Africa.

14Abafundi bakaYohane umbhaptizi beza kuYesu, bambuza bathi: “Kutheni
na okokuba thina nabaFarasi sisoloko sizila ukutya nje, kanti bona abafundi
bakho abazili?”

15Wabaphendula wathi: “Ngaba abakhaphi bomyeni bangákhedama na
umyeni esenabo? Abangekhe! Kodwa lofika ixesha lokuba umyeni asuswe
kubo, bandule ke ukuzila.

16“Kaloku akukho mntu uthungela isiziba esitsha kwisambatho esidala, kuba
sofinyela, sisikrazule isambatho eso.

17Kananjalo akukho mntu uyitha kwiimvaba ezindala iwayini entsha
engekabili, kuba ukuba uthe wenjenjalo, zogqabhuka zonakale iimvaba,
ichitheke iwayini. Kaloku iwayini engekabili ithiwa kwiimvaba ezintsha, ize
ke igcinakale iwayini, zingonakali iimvaba.”

Intombi kaJayiro nomfazi owaphiliswa kukuchukumisa uYesu

(Marko 5:21-43; Luka 8:40-56)

18Kwathi esazithetha kubo uYesu ezi zinto, kwafika igosa lendlu yesikhungo,
laqubuda kuye, lathi: “Intombi yam isand' ukubhubha. Yiza, uyibeke isandla;
iya kuphila.”

19Waphakama uYesu, walilandela, ehamba nabafundi bakhe.

20Ke umfazi owayehlamba engaphezi iminyaka elishumi elinambini esifa,
wasondela ngasemva, wachukumisa umqukumbelo wesambatho sikaYesu,

21kuba wayesithi: “Ukuba ndithe ndachukumisa nokuba sisambatho sakhe esi,
ndophiliswa.”

22UYesu wajika, wambona, wathi: “Yomelela, ntombi! Ukholo lwakho
lukuphilisile.” Waphiliswa kwangoko loo mfazi.

23Wafika ke uYesu endlwini yegosa elo, wazibona iimvumi zomngcwabo,
ekubona ukukhathazeka kwesihlwele ebesikho,

24waza wathi: “Khaniphume. Intombazana le ayibhubhanga; ilele nje.”
Basuka bamwa ngentsini.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

25Bakuba bonke bekhutshiwe endlwini, uYesu wangena, wabamba isandla
sentombazana leyo, wayivusa.

26Yaduma loo nto kuwo wonke loo mmandla.

Ukuphiliswa kweemfama ezimbini

27UYesu wemka apho, kwathi edlula walandelwa ziimfama ezimbini,
zikhwaza zisithi: “Nyana kaDavide, senzele inceba.”

28Akungena endlwini uYesu, zeza kuye iimfama ezo, waza uYesu wathi kuzo:
“Niyakholwa na okokuba ndinako ukukwenza oku?” Zaphendula zathi: “Ewe,
Nkosi.”

29Waza uYesu wawachukumisa amehlo azo, esithi: “Makwenzeke kuni
ngokokholo lwenu.”

30Avuleka ke amehlo azo. Waza uYesu waziyala kakhulu, esithi: “Lumkani
kungàziwa mntu oku.”

31Kodwa zona zemka zazibhengeza iindaba ezingoYesu kuwo wonke loo
mmandla.

Ukuphiliswa kwesimumu

32Ukuphuma kwazo ezi mfama, nako kufika isimumu esiphethwe yindimoni,
siziswa kuYesu.

33Kwathi yakukhutshwa indimoni wasuka wathetha lowo ubesisimumu; baza
bamagaliswa abantu, besithi: “Into enje ayizange yenzeke kwaSirayeli.”

34Kodwa bona abaFarasi bâthi: “Ngumphathi weendimoni lo umnika amandla
okukhupha iindimoni ezi.”

Isivuno nabasebenzi

35UYesu wayejikeleza kuzo zonke izixeko needolophu, efundisa ezindlwini
zesikhungo, eshumayela iindaba ezimnandi zolawulo lukaThixo, ephilisa
abantu kwizifo ngezifo.

36Akuzibona izihlwele, wavelana nazo, kuba bezinxubile, zityhafile
ngokweegusha ezingenamalusi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

37Ke wathi kubafundi bakhe: “Umsebenzi wokuvuna mkhulu, kodwa
bambalwa abavuni.

38Thandazani ke ngoko kuMnini-sivuno, okokuba athumele abasebenzi, baye
kuvuna.”

UMatewu 10

Abafundi abalishumi elinambini
(Marko 3:13-19; Luka 6:12-16)

1UYesu wababizela kuye abafundi bakhe abalishumi elinambini, wabanika
igunya lokukhupha iindimoni nelokuphilisa abantu kwizifo ngezifo.

2Nânga ke amagama abafundi abalishumi elinambini: kuqala, uSimon, lo
kuthiwa nguPetros, noAndreya umntakwabo; uYakobi, noYohane
umntakwabo, oonyana bakaZebhedi;

3uFilipu noBhartolomeyu; uTomas noMatewu, umqokeleli-rhafu; uYakobi,
unyana ka-Alifeyu, noTadeyu;

4uSimon iTsha-ntliziyo, noJudas Sikariyoti, owayeza kungcatsha uYesu.

Ukuthunywa kwabafundi abalishumi elinambini
(Marko 6:7-13; Luka 9:1-6)

5UYesu wabathuma aba bafundi balishumi elinambini, ebayalele ngokuthi:
“Ze ningayithathi indlela eya kweleentlanga, ningangeni kwiidolophu
zamaSamariya.

6Yiyani kanye kwiigusha ezilahlekileyo zakwaSirayeli.

7Ekuhambeni kwenu ze nishumayele nisithi: ‘Ulawulo lukaThixo
lusemnyango!’

8Philisani abagulayo, nivuse abafileyo, nihlambulule abaneqhenqa, nikhuphe
iindimoni. Namkelé ngesisa, ke ngoko yiphani ngesisa.

9Ze ningazameli ukuba nibe nemali emibhinqweni yenu, nokuba yigolide,
nokuba yisiliva, nokuba lubhedu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

10Ze ningaphathi ngxowa, nazambatho ngazibini, nazihlangu, namsimelelo.
Kaloku umvuzo ulilungelo kumntu osebenzayo.

11“Nakusiphi na isixeko okanye idolophu enithe nangena kuyo, funani lowo
unokuthi anamkele, nihlale khona de nimke kuloo ndawo.

12Nakungena emzini, ze nibabulise abakuwo.

13Ukuba abantu baloo mzi bayanamkela, basikeleleni, kodwa ukuba
abanamkeli, uxolo lwenu malubuyele kuni.

14Ukuba bathe àbanamkela, okanye àbawaphulaphula amazwi enu, ze nithi
nakuphuma kuloo mzi, okanye kweso sixeko, nivuthulule uthuli
olusezinyaweni zenu nikhalala.

15Inene, eso sixeko siya kuva ubunzima ngaphezu kweSodom
neGomora ngomhla womgwebo.”

Intshutshiso ezayo
(Marko 13:9-13; Luka 12:12-17)

16“Niyabona, ndinithuma njengeegusha phakathi kweengcuka. Ke ngoko
yibani nobulumko njengeenyoka, nilulame njengamahobe.

17Balumkeleni abantu, kuba baya kuninikela ezinkundleni, nikatswe
ezindlwini zesikhungo.

18Nomiswa phambi kwabalawuli nookumkani ngenxa yam. Kulapho niya
kundingqinela khona kubo nakuzo iintlanga.

19Xa bathe banisa enkundleni yamatyala, ze ningaxhaleli ukuba nothetha
ntoni na, nokuba nothetha njani na; kothi, lakufika elo xesha, niyinikwe into
eniya kuyithetha,

20kuba asinini abaya kuthetha, nguMoya kaYihlo oya kuthetha kuni.

21“Oonyana bomntu omnye baya kusana ekufeni, uyise anikele umntwana,
bathi nabantwana babavukele abazali, babanikele ukuba babulawe.

22Niya kuthiywa ngabantu bonke ngenxa yegama lam. Ke lowo unyamezelayo
kude kube sekupheleni wosindiswa.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

23Xa banitshutshisayo kule dolophu, yiyani kwenye, kuba inene, aniyi kuzigqiba iidolophu zakwaSirayeli engekafiki uNyana woLuntu.

24“Akukho mfundi mkhulu kunomfundisi wakhe, kungekho sicaka sikhulu kunenkosi yaso.

25Makaneliseke umfundi kukuphatheka njengomfundisi wakhe, nesicaka kukuphatheka njengenkosi yaso. Ukuba umninimzi babemthuka ngokuthi unguSathana, ungáthini na ukungàthukwa ngakumbi ngoSathana umzi wakhe?”

Ofanelwe kukoyikwa
(Luka 12:2-7)

26“Musani ukuboyika abantu. Akukho nto igqunyiweyo ingayi kutyhilwa, nefihlakeleyo ingayi kwaziwa.

27Endikuthethayo kuni ebumnyameni, kuthetheni nina ekukhanyeni; enikusetyezelweyo nikubhengeze.

28Musani ukuboyika abo banibulala ngokwasenyameni, kodwa bengenako ukubulala umphefumlo. Yoyikani uThixo, yena onako ukutshabalalisa umphefumlo kwanomzimba esihogweni.

29Andithi, iintaka ezincinci zithengiswa ngambini ngesenti? Kanti akukho nanye kuzo iya kuwa emhlabeni engavumanga uYihlo.

30Nina ke, kwaneenwele ezi zentloko yenu zibaliwe zonke.

31Ke musani ukoyika: nixabisekile kuneentaka ezininzi nina!”

Ukuvuma nokukhanyela uKrestu
(Luka 12:8-9)

32“Wonke umntu othe wandivuma phambi kwabantu, nam ndothi ndimvume kuBawo osezulwini.

33Ke ondikhanyelayo ebantwini, nam ndiya kumkhanyela kuBawo osezulwini. ”

Imbambano engoYesu
(Luka 12:51-53; 14:26-27; Marko 9:41)

© 1996 Bible Society of South Africa.

34“Ze ningabi ndizise uxolo ehlabathini. Hayi, andizisanga luxolo, koko
ndizise imbambano.

35Ndize kuxabanisa unyana noyise, intombi nonina, umolokazana no
ninazala.

36Iintshaba zomntu zoba ngabendlu yakhe.

37“Othe wathanda uyise nokuba ngunina ngaphezu kwam, akandifanelanga;
nothe wathanda unyana nokuba yintombi yakhe ngaphezu kwam,
akandifanelanga.

38Nalowo uthe akawuthwala umnqamlezo wakhe andilandele,
akandifanelanga.

39Othe wabuzuza ubomi bakhe, wolahlekelwa bubo; nothe walahlekelwa
bubomi bakhe ngenxa yam, wobuzuza.

40“Othe wanamkela nina, wamkela mna; nothe wamkela mna, wamkela lowo
wandithumayo.

41Othe wamkela umshumayeli ngokuba engumshumayeli, wofumana umvuzo
womshumayeli; nothe wamkela ilungisa ngokuba lililungisa, wofumana
umvuzo welungisa.

42Othe wapha nokuba mnye kwaba bancinane nekomityi le yamanzi,
ngokuba engumfundi wam, inene ngekhe aphosane nomvuzo wakhe
nakanjani na.”

UMatewu 11

UYohane umbhaptizi uthumela abafundi kuYesu

(Luka 7:18-35)

1Kwathi uYesu akugqiba ukubayalela abafundi bakhe abalishumi elinambini,
wemka apho, waya kushumayela kwiidolophu zalapho.

2UYohane, esentolongweni, weva ngemisebenzi kaKrestu, waza wathumela
abafundi bakhe,

© 1996 Bible Society of South Africa.

3ukuba babuze kuye, bathi: “Ungulowo uzayo na wena, okanye masilinde omnye?”

4Waphendula uYesu, wathi kubo: “Hambani niye kumbalisela uYohane ezi zinto nizibonayo nenizivayo;

5okokuba iimfama zibuya zibone, iziqhwala ziyahamba, abaneqhenqa bayahlanjululwa, izithulu ziyeva, abafileyo bayavuswa, abasweleyo bayazishunyayezwa iindaba ezimnandi.

6Unoyolo othe akakhutyekiswa ndim!”

7Bakuba bemkile ke abathunywa bakaYohane, uYesu wathetha ngoYohane kwisihlwele, esithi: “Naniphume nisiya kubona ntoni na entlango? Yayiyingcongolo na izanya-zanyiswa ngumoya?

8Naniphume nisiya kubona ntoni na kakade? Yayingumntu ohombileyo na? Niyabona, abo bahombayo basezindlwini zookumkani.

9Ngaba naniphumele ntoni kakade? Yayingumshumayeli? Ewe, ndithi kuni, nibone oyena ungumshumayeli ngokupheleleyo.

10UYohane ngulowo uThixo atshoyo ngaye eziBhalweni ukuthi: “ ‘Naso isigidimi sam esiya kukwandulela, sikugabulele izigcawu.’

11“Ndithi kuni, inene, kubo bonke abazelwe kweli hlabathi akukho bani mkhulu kunoYohane umbhaptizi; kanti noyena mncinane ùphantsi kolawulo olutsha lukaThixo, mkhulu kunaye.

12Ukususela kwimihla kaYohane umbhaptizi, kude kube ngoku, abantu babegxalathelana ukuya kulo ulawulo lukaThixo, abazimiseleyo bengena benyathelana.

13Kwakuvakaliswa izibhalo zabo bonke abashumayeli nomthetho kaMosis, de kwafika uYohane.

14UYohane nguye uEliya olindelweyo – ukuba ngaba niyavuma ukukwamkela oko.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15Oneendlebe zokuva makeve.

16“Ndiya kubafanisa nantoni na ke abantu besi sizukulwana? Bafana nabantwana abahleli ebaleni lembutho, abanye bebhekisa kwabanye besithi:

17“ ‘Sanombelela, naza nina anaxhentsa; sanihlabelela ingoma yesililo, naza nina analila!’

18“Kuba kaloku wafika uYohane umbhaptizi, ezila ukutya, engaseli wayini, kwaza kwathiwa: ‘Unendimoni.’

19Wafika yena uNyana woLuntu esidla esela; kwaza kwathiwa: ‘Khanibone, umntu onyolukileyo, indlamanzi, umhlobo wabaqokeleli-rhafu naboni!’ Noko ke ubulumko bukaThixo bubonakala buyinyaniso ngayo yonke imisebenzi esisiqhamo sabo.”

Kunyembelekile kwiidolophu zabangakholwayo
(Luka 10:13-15)

20Waza uYesu wazisola ngokungaguquki kwazo iidolophu apho wayesenza khona inkoliso yemimangaliso yakhe, esithi:

21“Mawoo, wena Korazin! Mawoo, wena Bhetesayida! Ukuba imimangaliso eyenzeke kuni yayenzeke eTire naseSidon, abemi bakhona ngebaguqukayo kwakudala, bambatha ezirhwexayo, bazigalela uthuthu.

22Ewe, ndithi kuni, ngomhla womgwebo koba nokunyamezeleka okweTire nokweSidon kunokwenu.

23Wena Kapernahum, unga ungaphakanyiselwa ezulwini na? Hayi, uya kuphoswa phantsi kwelabafileyo. Ukuba yayithe yenzeka eSodomimimangaliso eyenzeke kuwe, ngeyisekho nanamhla.

24Ewe, ndithi kuni, ngomhla womgwebo koba nokunyamezeleka okweSodom kunokwenu.”

Isimemo kobulalekayo
(Luka 10:21-22)

© 1996 Bible Society of South Africa.

25Ngelo xesha uYesu wathi: “Ndiyakudumisa, wena Bawo, Nkosi yezulu
nomhlaba, ngokuzifihla kwakho ezi zinto kwizilumko neengqondi,
wazityhilela iintsana.

26Ewe, Bawo, wênjenje kuba kukholekile kuwe.

27“Zonke izinto ziphathiswe mna nguBawo; kananjalo akukho bani umaziyo
uNyana, ngaphandle koYise, kungekho bani umaziyo uYise ngaphandle
koNyana, nalowo uNyana athanda ukumtyhilela.

28“Yizani kum, nina nonke nisindwayo, nibulalekayo; ndoniphumza.

29Ngenani edyokhweni yam, nifunde kum, kuba mna ndilulamile,
ndingontliziyo ithobekileyo. Nothi ke nizifumanele ukuphumla iintliziyo
zenu,

30kuba idyokhwe yam ayityabuli, nomthwalo wam ulula.”

UMatewu 12

Imfundiso kaYesu malunga noMhla wokuPhumla

(Marko 2:23-28; Luka 6:1-5)

1Ngelo xesha uYesu wacanda emasimini ngoMhla wokuPhumla baza bathi
abafundi bakhe belambile, bakha izikhwebu zengqolowa, batya.

2 AbaFarasi, bekubona oko, bathi kuye: “Khangela, abafundi bakho benza
okungavumelekanga ngoMhla wokuPhumla.”

3Wathi kubo: “Anizange nikufunde na awakwenzayo uDavide mhla walamba
yena neqela lakhe?

4Kaloku wangena endlwini kaThixo, wazitya izonka ezazinikelwe
kuThixo. Kanti ngokomthetho ezi zonka yena neqela lakhe babengamelwe
kuzitya. Ngababingeleli kuphela ababenelo lungelo.

5Khona, anifundanga na emthethweni kaMosis okokuba ababingeleli
bayawaphula umthetho woMhla wokuPhumla endlwini kaThixo, bangabi
natyala noko?

6Ke ndithi kuni, lo ulapha mkhulu kunendlu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Ukuba benisazi okokuba ithetha ukuthini na le ndawo ithi eziBhalweni:
‘Ndithanda inceba, andithandi mbingelelo,’ngeningabagwebanga
abangenatyala.

8Kaloku uNyana woLuntu uyiNkosi yawo noMhla wokuPhumla.”

Ukuphiliswa kowome isandla
(Marko 3:1-6; Luka 6:6-11)

9Emkile apho uYesu, waya kungena kwindlu yesikhungo.

10Apho babona umntu owome isandla. Abantu abathile, benenjongo
yokummangalela uYesu, bambuza besithi: “Ngaba kuvumelekile na
ukuphilisa ngoMhla wokuPhumla?”

11Waza wathi kubo: “Ukuba ngaba kukho ubani kuni enegusha, yaza loo
gusha yeyela emngxunyeni ngoMhla wokuPhumla, akayi kuyirhola na?

12Ubeke phi ke umntu ukuxabiseka kunegusha? Ngoko ke kulungile ukwenza
inceba ngoMhla wokuPhumla.”

13Wathi ke kuloo mntu: “Solule isandla sakho.” Wasolula, saza saphila isandla
sakhe, safana nesinye.

14Baphuma ke abaFarasi, babhunga ukumbulala uYesu.

15Ekwazile oko, uYesu wemka apho.

Esona siCaka sikaThixo

UYesu walandelwa ngabantu abaninzi, waza wabaphilisa bonke,

16ebayala ukuba bangaxeleli bani ngaye,

17ukuze lizaliseke ilizwi likaThixo elathethwa ngumshumayeli uIsaya lisithi:

18“Naso isiCaka sam endisinyulileyo, eso sisenyongweni kum, endikholiweyo
siso. Ndosifaka uMoya wam, sizazise isigwebo iintlanga.

19Asiyi kuba nephike sikhwaze, lingayi kuviwa bani ezitalatweni izwi laso.

20Ingcongolo eyaphukileyo asiyi kuyiqhawula, nesibane esilozizayo asiyi
kusicima. Siya kubuzinzisa bude bongame ubulungisa.

© 1996 Bible Society of South Africa.

21Kananjalo iintlanga zokholosa ngaso.”

UYesu uyaphoxwa
(Marko 3:20-30; Luka 11:14-23)

22Kwathi kwaziswa kuYesu umntu ophethwe yindimoni, eyimfama, esisimumu. UYesu wamphilisa loo mntu, wathetha, wabona nokubona.

23Samangaliswa sonke isihlwele, sathi: “Akungebi nguNyana kaDavide lo?”

24Kodwa bona abaFarasi, bakukuva oku, bathi: “Iindimoni ezi uzikhupha ngoSathana, umphathi weendimoni.”

25UYesu, ezazi iingcamango zabo, wathi kubo: “Bonke uburhulumente obuvukelana bodwa buyabhanga; nedolophu, nokuba ngumzi, ovukelana wodwa, awunakuba nankqubela.

26Ke ukuba uSathana ukhupha uSathana, evukelene kwayedwa nje, lothini na ukungawi ulawulo lwakhe?

27Ukuba iindimoni ndizikhupha ngoSathana, bazikhupha ngabani bona oonyana benu? Mabaphendule, nigwetywe ngabo.

28Ukuba ke ndizikhupha ngoMoya kaThixo iindimoni, ulawulo lukaThixo aluthwasanga, lugalelekile kuni.

29“Angathini umntu ukungena endlwini yegorha, ahluthe impahla yalo, engathanga kuqala alibophe igorha elo, aze ke andule ukuyiphanga indlu leyo.

30“Lowo ungekho kwicala lam, uchasene nam, nalowo ungandincedisiyo ukuqokelela, uyachitha.

31Ke ngoko, ndithi kuni, zonke izono nezinyeliso baya kuzixolelwa abantu, kodwa kona ukunyelisa uMoya oyiNgcwele akuyi kuxolelwa.

32Othe wathetha ilizwi elichasene naye uNyana woLuntu uya kuxolelwa, kodwa othe wathetha elichasene noMoya oyiNgcwele akayi kuxolelwa kweli phakade nakwelizayo.”

Umthi neziqhamo zawo
(Luka 6:43-45)

© 1996 Bible Society of South Africa.

33“Ukuba nithi umthi ulungile, mawuvelise iziqhamo ezilungileyo; ukuba ke
nithi ngumthi ombi, mawuvelise iziqhamo ezibi. Kaloku umthi uqondwa
ngeziqhamo zawo.

34Nzalandini yamarhamba, ningáthini na ukuba nako ukuthetha
okulungileyo, nikhohlakele nje? Kaloku umlomo womntu uphuphuma oko
intliziyo izele kuko.

35Umntu olungileyo uvelisa ukulunga okukuye. Ke okhohlakeleyo uvelisa
inkohlakalo ekuye.

36“Ke, ndithi kuni, ngomhla womgwebo abantu baya kuziphendulela ngelizwi
ngalinye eliphuthileyo abathe balithetha.

37Umntu uya kugwetywa, okanye akhululwe, ngokwamazwi akhe.”

Umqondiso kaJona

(Marko 8:11-12; Luka 11:29-32)

38Abathile kubachazi-mthetho nabaFarasi bathi kuYesu: “Mfundisi, sicela
ukuba usibonise umqondiso.”

39Wabaphendula wathi kubo: “Sisizukulwana esikhohlakeleyo, esikrexezayo
ngokunganyaniseki kuThixo, esifuna umqondiso; kanti asiyi kunikwa
mqondiso, ingenguwo umqondiso kaJona;

40kuba njengokuba uJona wayemihla mithathu nabusuku buthathu esiswini
sesilo esikhulu solwandle, wothi naye uNyana woLuntu abe mihla mithathu
nabusuku buthathu emathunjini omhlaba.

41Ngomhla womgwebo abantu baseNiniva bophakama babamangalele abantu
besi sizukulwana, kuba bona bâguquka ngentshumayelo kaJona, kanti ke
omkhulu kunoJona nanku phakathi kwenu.

42Ngomhla womgwebo ukumkanikazi wasezantsi wophakama abamangalele
abantu besi sizukulwana, kuba wavela eziphelweni zomhlaba, esiza kuva
ubulumko bukaSolomon, kanti ke omkhulu kunoSolomon nanku phakathi
kwenu.”

Ukubuya kwendimoni

© 1996 Bible Society of South Africa.

(Luka 11:24-26)

43“Xa indimoni ithe yaphuma emntwini, icanda ezinkqantosini, ifuna indawo
yokuphumla; ize yakuba ingayifumani,

44isuke ithi: ‘Ndiya kubuyela endlwini yam endaphuma kuyo.’ Ithi yakufika,
iyifumane izé, itshayelwe, ilungisiwe;

45ize ke ijike iye kuphuthuma ezinye iindimoni ezisixhenxe ezikhohlakeleyo
kunayo, zingene ke zihlale khona; ize imeko yamva yaloo mntu ibe mbi
kuneyakuqala. Kuya kuba njalo nakwesi sizukulwana singendawo.”

Ezona zizalwana zikaYesu

(Marko 3:31-35; Luka 8:19-21)

46Kwathi uYesu esathetha nesihlwele, kwafika abantakwabo nonina, bema
phandle, befuna ukuthetha naye.

47Kwaza kwakho othi kuye: “Nanku unyoko nabantakwenu phandle, befuna
ukuthetha nawe.”

48Waphendula wathi kulowo wayesitsho: “Ngubani umama? Ngoobani bona
abantakwethu?”

49Esalatha abafundi bakhe ngesandla, wathi: “Nanku umama, naba
abantakwethu.

50Kaloku lowo uyenzayo intando kaBawo osezulwini nguye ongumntakwethu,
nodade wethu, nomama.”

UMatewu 13

Umzekeliso ngomhlwayeli

(Marko 4:1-9; Luka 8:4-8)

1Kwangaloo mini uYesu waphuma endlwini, waya kuhlala ngaselwandle.
Sahlanganisana ngakuye isihlwele,

2saba sikhulu kangangokuba yena waya kukhwela esikhitshaneni, wahlala
kuso. Isihlwele sona sema elunxwemeni.

3UYesu ke wasifundisa isihlwele izinto ezininzi ngemizekeliso, esithi:
“Kwakukho umhlwayeli owaphuma waya kuhlwayela.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Ekuhlwayeleni kwakhe inxenye yembewu yawa endleleni, zeza iintaka
zayichola zayigqiba.

5Enye imbewu yawa endaweni elulwalwa, apho ibingenamhlaba waneleyo;
yantshula ke kwangoko, ngenxa yokungabi nabunzulu bamhlaba.

6Kuthe ke, lakuba shushu ilanga, yatsha, yathi ngenxa yokuba
ingenazingcambu zendeleyo, yoma kwaphela.

7Enye yawa endaweni enokhula, olwathi lwakukhula lwayiminxa.

8Enye yawa kumhlaba olungileyo, yavelisa isiqhamo: enye yanika ikhulu,
enye amashumi amathandathu, nenye amashumi amathathu.

9Oneendlebe zokuva makeve."

Injongo yemizekeliso
(Marko 4:10-12; Luka 8:9-10)

10Beza kuYesu abafundi bakhe, bathi kuye: "Kutheni na ukuba uthethe nabo
ngemizekeliso?"

11Waphendula wathi: "Kungenxa yokuba nina nikunikiwe ukuzazi iimfihlelo
ezingolawulo lukaThixo, kodwa bona abakunikwanga.

12Lowo unako uya kunikwa, abe nako nangaphezulu; kodwa lowo ungenako
uya kuhluthwa kwanoko anako.

13Ngenxa yoko ndithetha nabo ngemizekeliso. Kaloku bebona nje, ababoni;
besiva nje abeva, bengaqondi nakuqonda.

14Kwenzeka kubo njengoko umshumayeli uIsaya walithethayo ilizwi
likaThixo esithi: " 'Nàkuphulaphula niphulaphule, ningaqondi noko;
nàkujonga nijonge, ningaboni nto.

15Kuba ingqiqo yaba bantu ibuthuntu, bazivingcile iindlebe zabo, bawavala
namehlo abo. Kungenjalo babeya kubona, beve ngeendlebe zabo, baqonde
ngeengqondo zabo, baze babuyele kum, ndize ndibaphilise.'

16"Kodwa nina ninoyolo, kuba ninamehlo abonayo, kwaneendlebe ezivayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Ke ndithi kuni, inene, baninzi abashumayeli nabantu abangamalungisa ababenqwenela ukuzibona izinto enizibonayo, àbazibona, nokuziva izinto enizivayo, àbaziva.”

Ingcaciso yomzekeliso ngomhlwayeli
(Marko 4:13-20; Luka 8:11-15)

18“Nina ke, yiveni ingcaciso yomzekeliso ngomhlwayeli.

19Ukuba ubani uthi azive iindaba ezingolawulo lukaThixo, angàziqondi, uyeza ongendawo akuhluthe oko kwakuhlwayelwe entliziyweni yakhe. Yiyo leyo imbewu ehlwayelwe endleleni.

20Imbewu eyahlwayelwa elulwalweni ifanekisa lowo uzivayo iindaba ezi, athi kwangoko azamkele ngovuyo.

21Onjalo akanazingcambu zendeleyo; uma okomzuzwana kuphela, athi kwakufika imbandezelo okanye intshutshiso ngenxa yeendaba ezi, oyisakale kwangoko.

22Eyahlwayelwa endaweni enokhula izekelisa lowo uzivayo iindaba ezi, aze ke amaxhala eli phakade, nokulukuhla kobutyebi, kuziminxe iindaba, kungabikho siqhamo.

23Eyahlwayelwa emhlabeni olungileyo ifanekisa lowo uzivayo aziqonde iindaba ezi, aze avelise isiqhamo, omnye ikhulu, omnye amashumi amathandathu, nomye amashumi amathathu.”

Umzekeliso ngokhula

24Wabenzela nomnye umzekeliso uYesu, esithi: “Ukulawula kukaThixo kunokufaniswa, nomntu owahlwayela imbewu elungileyo entsimini yakhe.

25Kwathi ke, xa baleleyo abantu, kwafika utshaba lwakhe, lwahlwayela ukhula phakathi kwengqolowa, lwemka.

26Yakudubula ke ingqolowa, iqala ukuba neenkozo, lwabonakala ukhula.

27Zaza izicaka zaya kumnini-mzi, zathi kuye: ‘Nkosi, ibingeyombewu ilungileyo na oyihlwayeleyo entsimini yakho? Ngaba luvela phi na ke ukhula?’

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

28Wathi kuzo: ‘Le nto yenziwe lutshaba.’ Zaza izicaka zathi kuye: ‘Ngaba ufuna siye kuluncothula na ukhula?’

29Kodwa yena wathi: ‘Hayi, hleze kuthi xa nincothula ukhula, nincothule kwanengqolowa.

30Luyekeni ukhula, lukhule kunye nengqolowa, kude kube lixesha lokuvuna. Xa kuvunwayo ke, ndothi kubavuni: “Kuqala qokelelani ukhula, nilubophe izithungu, nilutshise, nize ke ingqolowa niyiqokelelele esiseleni sam.” ’ ”

Umzekeliso ngokhozo lwembewu yemostade
(Marko 4:30-32; Luka 13:18-19)

31Wabenzela nomnye umzekeliso uYesu, esithi: “Ukulawula kukaThixo kunokufaniswa nokhozo lwembewu yemostade, athe ubani waluthatha, waluhlwayela entsimini yakhe.

32Ukhozo lwemostade lolona luncinane kunazo zonke iintlobo zembewu, kanti lwakukhula luba lukhulu kunayo yonke imifuno, lube ngumthi omkhulu kangangokuba neentaka zifike, zakhele emasebeni awo.”

Umzekeliso ngegwele
(Luka 13:20-21)

33UYesu wabenzela nomnye umzekeliso, esithi: “Ukulawula kukaThixo kunokufaniswa negwele awalithathayo umfazi, walixovulela kumgubo ozizitya ezithathu, laza layinyusa intlama.”

UYesu uyazekelisa
(Marko 4:33-34)

34Zonke ezi zinto uYesu wazithetha kwizihlwele ngemizekeliso. Akathethanga nto kuzo kungengamizekeliso.

35Ngokwenjenjalo wakuzalisekisa okwathethwayo ngumshumayeli esithi: “Ndiya kuthetha ngemizekeliso, ndizityhile izinto ezazifihlakele kwasekusekweni kwehlabathi.”

Ingcaciso yomzekeliso ngokhula

36Wazindulula ke izihlwele uYesu, wangena endlwini. Beza kuye abafundi bakhe, bathi: “Khawusicacisele umzekeliso ngokhula olusentsimini.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

37Waphendula wathi: “Lowo uhlwayela imbewu elungileyo nguNyana woLuntu.

38Intsimi le lihlabathi. Yona imbewu elungileyo ngabantu abalawulwa nguThixo. Ke lona ukhula ngabantu bongendawo.

39Utshaba oluluhlwayelayo ngumtyholi. Ukuvuna kukupheliswa kweli phakade. Abavuni zizithunywa zezulu.

40Njengoko luqokelelwayo ukhula, lutshiswe, koba njalo ekuphelisweni kweli phakade.

41UNyana woLuntu wozithuma izithunywa zakhe, zibaqokelele bangabikho apho alawula khona bonke abalahlekisayo, nabo bonke abenza okuchasene nomthetho,

42zibaphose kwiziko elivutha umlilo, apho kuya kubakho ukulila nokungcungcutheka.

43Bothi ke abangamalungisa baqaqambe ngokwelanga bekwikomkhulu likaYise. Oneendlebe zokuva makeve.”

Umzekeliso ngobutyebi obufihlwe entsimini

44“Ukulawula kukaThixo kunokufaniswa nobutyebi obufihlwe entsimini, waza ubani wabubhaqa, wabugqumelela kwakhona, wathi, evuya kakhulu, waya kuthengisa konke anako, wayithenga loo ntsimi.”

Umzekeliso ngeperile exabisekileyo

45“Kananjalo ukulawula kukaThixo kunokufaniswa nomrhwebi ohamba efuna iiperile ezintle,

46othi akubhaqa perile ithile ixabisekileyo, aye kuthengisa konke anako, ayithenge loo perile.”

Umzekeliso ngomnatha

47“Kananjalo ukulawula kukaThixo kunokufaniswa nomnatha owaphoswa elwandle, wabambisa iintlobo ngeentlobo zeentlanzi;

© 1996 Bible Society of South Africa.

48ekuthe, wakuzala, watsalelwa elunxwemeni, kwahlalwa phantsi, ezilungileyo zaqokelelwa esityeni, ezimbi zalahlwa.

49Kuya kuba njalo ekupheliswen kweli phakade. Zophuma izithunywa zezulu, zibakhethe abakhohlakeleyo kwabalungileyo,

50zibaphose kwiziko elivutha umlilo, apho kuya kubakho ukulila nokungcungcutheka."

Okutsha nokudala

51UYesu wathi: "Ngaba nikuqondile na konke oku?" Baphendula bathi: "Ewe."

52Waza wathi kubo: "Ke ngoko, umchazi-mthetho ngamnye othe waba ngumfundi wezolawulo lukaThixo, ufana nomninimzi onokukhupha izinto ezintsha kwanezindala kuvimba wakhe."

Ukudelwa kukaYesu eNazarete
(Marko 6:1-6; Luka 4:16-30)

53Kwathi, uYesu akugqiba ukuyenza le mizekeliso, wemka apho.

54Efikile kowabo, wafundisa endlwini yesikhungo. Bâmangaliseka kakhulu abo bamváyo, besithi: "Ngaba ubufumene phi na obu bulumko? Le mimangaliso yona?

55Akanguye na unyana womchweli? Unina akanguye na uMariya? Abantakwabo asingabo na ooYakobi, noYose, noSimon, noJuda?

56Noodade wabo àbahlali apha bonke na? Ngaba lo mntu uzifumene phi zonke ezi zinto?"

57Ngenxa yale nto ke bambukula. Waza uYesu wathi kubo: "Kakade umshumayeli uyayinikwa imbeko; kukwelakowabo kuphela, ekhayeni lakhe, apho angayifumani khona."

58Ngenxa yokungakholwa kwabo akenzanga mimangaliso mininzi apho.

UMatewu 14

Ukubulawa kukaYohane umbhaptizi
(Marko 6:14-29; Luka 9:7-9)

© 1996 Bible Society of South Africa.

1Ngelo xesha uHerode, owayephethe, waziva iindaba ezingoYesu,

2waza wathi kwizicaka zakhe: “Lo nguYohane umbhaptizi. Uvukile kwabafileyo; yiyo le nto anamandla okwenza ezi zinto.”

3Kaloku uHerode wambamba uYohane, wamkhonkxa, wamfaka entolongweni. Oku wakwenza ngenxa yokuba yena Herode wayehlalisana noHerodiya umka-Filipu, umninawe wakhe.

4UYohane wasola uHerode, wamxelela ukuba akuvumelekanga ukuba ahlalisane naye.

5UHerode wafuna ukumbulala uYohane, kodwa wayesoyika abantu, kuba babesithi ungomnye wabashumayeli bamandulo.

6Ngomhla wesikhumbuzo sokuzalwa kukaHerode, intombi kaHerodiya yangqungqa phambi kwababekho kwelo theko, yamkholisa uHerode,

7waza wayithembisa efunga okokuba woyinika nantoni na esukuba iyicela.

8Ke yona, iqhutywe ngunina, yathi: “Ndinike ngoku ngesitya intloko kaYohane umbhaptizi.”

9Waba buhlungu ukumkani, kodwa ngenxa yesifungo, nangenxa yâbo babesethekweni kunye naye, wathi mayiyinikwe;

10wathumela okokuba uYohane anqunyulwe intloko entolongweni apho.

11Yeziswa ke ngesitya intloko yakhe, yanikwa intombi leyo, eyathi yona yayisa kunina.

12Beza ke abafundi bakaYohane, basithatha isidumbu sakhe, basingcwaba; baza baya kuxelela uYesu.

UYesu wandisa ukutya

(Marko 6:30-44; Luka 9:10-17; Yoh 6:1-14)

13UYesu, evile ngokufa kukaYohane, wemka ngesikhitshana, waya kwindawo engenabantu eyedwa. Bekuvile oku abantu, baya kuye ngeenyawo, bevela ezidolophini.

© 1996 Bible Society of South Africa.

14Ehlile ke esikhitshaneni, uYesu wabona isihlwele sabantu, wavelana naso,
wabaphilisa abagulayo ababekuso.

15Kwakuhlwa abafundi bakaYesu beza kuye, bathi: “Le ndawo ayinamizi,
nexesha selimkile; bandulule abantu bemke, baye ezidolophaneni,
bazithengele ukutya.”

16Kodwa uYesu wathi kubo: “Akukho mfuneko yakuba bemke. Bapheni nina
ukutya.”

17Bathi ke kuye: “Asinakutya apha. Sinezonka ezihlanu neentlanzi ezimbini
kuphela.”

18Wathi: “Ziziseni apha.”

19Esiyalele isihlwele ukuba sihlale phantsi engceni, wazithatha ezo zonka
zihlanu nezo ntlanzi zimbini, wathi ekhangele ezulwini, wabulela,
waziqhekeza izonka, wazinika abafundi bakhe, baza bazabela abantu.

20Batya ke bonke bahlutha, kwaza kwaqokelelwa iingobozi ezilishumi
elinambini zokutya okuseleyo.

21Amadoda atyáyo aba kumawaka amahlanu, bengekho kwelo nani abafazi
nabantwana.

UYesu uhamba phezu kwamanzi
(Marko 6:45-52; Yoh 6:15-21)

22Kwangoko ke uYesu wabanyanzela abafundi bakhe ukuba bakhwele
esikhitshaneni, bamandulele baye ngaphesheya koLwandle lwaseGalili, ngeli
xa yena asindululayo isihlwele.

23Akuba ke esindulule isihlwele, wenyuka intaba eyedwa, esiya kuthandaza.
Kwahlwa eyedwa khona apho.

24Ngelo xesha isikhitshana sasesiphakathi elwandle, sintlithwa ngamaza,
kuba umoya wawuvela ngaphambili.

25Kwathi ke, kungekasi, uYesu weza kubo, ehamba phezu kwamanzi
olwandle.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

26Abafundi bakumbona ehamba phezu kwamanzi, bankwantya, bathi: “Ngumhlola lo!” Batsho bakhala kukoyika.

27Kwangoko ke wathetha nabo uYesu, esithi: “Yomelelani; ndim; musani ukoyika.”

28Wavakala uPetros esithi: “Nkosi, ukuba ngaba nguwe ngenene, yitsho ndize kuwe ndihamba phezu kwamanzi.”

29UYesu wathi: “Yiza.” Wehla ke esikhitshaneni uPetros, wahamba phezu kwamanzi, waya kuYesu.

30Kodwa akuva amandla omoya, usuke woyika, wathi, esaqala ukutshona, wakhala esithi: “Nkosi, ndisindise!”

31Kwangoko uYesu wasolula isandla sakhe, wambamba, wathi: “Wena ulukholo luncinane, bekutheni na ukuba uthandabuze?”

32Bakhwela ke esikhitshaneni, wadamba umoya;

33baza abo basesikhitshaneni baqubuda kuYesu, besithi: “Inene, ùnguNyana kaThixo.”

UYesu uphilisa abagulayo ezweni laseGenesarete
(Marko 6:53-56)

34Beluwelile uLwandle lwaseGalili, bâfika ezweni laseGenesarete.

35Amqonda amadoda alapho ukuba nguYesu, athumela kuwo wonke loo mmandla, azisa kuye bonke abagulayo,

36ambongoza okokuba abagulayo bachukumise nokuba ngumqukumbelo nje wesambatho sakhe. Bathi ke abo bawuchukumisáyo baphila mpela.

UMatewu 15

Isithethe samanyange
(Marko 7:1-13)

1Kwafika abaFarasi nabachazi-mthetho kuYesu, bevela eJerusalem, bambuza besithi:

© 1996 Bible Society of South Africa.

2“Kutheni abafundi bakho bengasilandeli nje isithethe samanyange, le nto
batya isonka ngezandla ezingahlanjwanga?”

3Wabaphendula wathi: “Nina, kutheni ukuba nithi ngenxa yesithethe senu,
ningawenzi umthetho kaThixo?

4Kaloku uThixo wathi: ‘Beka uyihlo nonyoko,’ watsho nokuthi: ‘Othuka uyise,
nokuba ngunina, makabulawe.’

5Kanti nina nithi ukuba ubani unento angamnceda ngayo uyise nokuba
ngunina, kodwa asuke athi loo nto ingumnikelo kuThixo,

6akasavumelekanga ukumenzela nto ngaloo nto uyise nokuba ngunina.
Ngokwenjenjalo nithi ngenxa yesithethe senu, nilenze into engento ilizwi
likaThixo.

7Bahanahanisindini, uIsaya wayenyanisile ukushumayela ngani, esithi:

8“ ‘Aba bantu bandibeka ngomlomo, kanti yona intliziyo ikude lee kum,’ itsho
iNkosi.

9‘Bafumana bendihlonela, kuba bafundisa iimfundiso eziyimithetho nje
yabantu.’ ”

Ezona zinto zimngcolisayo umntu
(Marko 7:14-23)

10UYesu, eyibizele kuye indimbane, wathi: “Phulaphulani niqonde.

11Umntu akangcoliswa yiloo nto ingena kuye ngomlomo; zizinto azithetha
ziphume kuye ngomlomo ezimngcolisayo.”

12Basondela kuYesu abafundi bakhe, bathi kuye: “Uyazi nje ukuba abaFarasi
bakhutyekisiwe yintetho yakho?”

13Waphendula wathi: “Zonke izityalo ezingatyalwanga nguBawo osezulwini
ziya kuncothulwa.

14Bayekeni; baziinkokheli eziziimfama. Ke ukuba imfama ikhokela enye
imfama, ziya kweyela zombini ezindongeni.”

15Waza uPetros wathi: “Khawusicacisele lo mzekeliso.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

16UYesu wathi kubo: “Kanti nani nikwanje na ukungaqondi?

17Aniqondi na ukuba konke okungena emlonyeni, kuya esiswini, kuze kulahlwe ngasese?

18Ke zona izinto ezithethwa ngomlomo, zisuka entliziyweni. Zezo zinto ke ezimenza angcole umntu.

19Kaloku ziphuma entliziyweni iingcamango ezimbi. Kusentliziyweni apho kuphuma khona ukubulala, ukukrexeza, ubuhenyu, ubusela, ukungqina ubuxoki, nokunyelisa.

20Zezi zinto ezimenza angcole umntu; kodwa ukutya ngezandla ezingahlanjwanga akumenzi angcole umntu.”

Ukukholwa komKananekazi
(Marko 7:24-30)

21Emkile apho uYesu, waya kummandla waseTire naseSidon.

22Kwathi thu umKananekazi, evela kuloo mimandla, ekhala esithi: “Nkosi, Nyana kaDavide, yiba nenceba kum. Intombi yam iphethwe kakubi yindimoni.”

23Kodwa uYesu akamphendulanga tu. Basondela abafundi bakhe, bambongoza besithi: “Mvumele, kuba nanku ekhwaza emva kwethu.”

24Waphendula wathi: “Ndithunyelwe kuphela kwiigusha ezilahlekileyo zakwaSirayeli.”

25Weza ke, waqubuda kuye, wathi: “Nkosi, ndincede.”

26Yena waphendula wathi: “Akufanelekanga ukuba ukutya kuthathwe kubantwana, kunikwe iinjana.”

27Waphendula yena wathi: “Kunjalo, Nkosi, kodwa noko iinjana ziyatya kwimvuthuluka ewayo etafileni yabaninizo.”

28Ke ngoko uYesu waphendula wathi kuye: “Mfazindini, lukhulu ukholo lwakho. Makwenzeke kuwe ngokomnqweno wakho.” Yaphiliswa ke intombi yakhe kwangelo xesha.

© 1996 Bible Society of South Africa.

UYesu uphilisa abantu abaninzi

29Akumka apho, uYesu wafika ngakuLwandle lwaseGalili, wenyuka intaba,
wahlala phantsi.

30Kweza kuye ke izihlwele zabantu, zizisa iziqhwala, neemfama, nezilima,
nezimumu, nabanye abaninzi ababeyimilwelwe, zababeka phambi koYesu,
waza yena wabaphilisa.

31Zamangaliswa ke izihlwele ezo, zakubona izimumu zithetha, izilima
ziphilile, iziqhwala zihamba, neemfama zibona; zaza zamdumisa uThixo
kaSirayeli.

UYesu wandisa ukutya kwakhona
(Marko 8:1-10)

32UYesu, ebabizele kuye abafundi bakhe, wathi: “Ndiyasivela esi sihlwele
saba bantu bangakanana, kuba sekuziintsuku ezintathu bekunye nam, yaye
ke àbasenanto ityiwayo. Andifuni ukubandulula bengatyanga, hleze
baphelelwe endleleni.”

33Baza bathi kuye abafundi: “Zingafumaneka phi na entlango apha izonka
ezinokubanela abantu abangaka?”

34Waza wathi kubo uYesu: “Zingaphi izonka eninazo?” Bathi ke bona:
“Zisixhenxe, neentlanzi ezimbalwa.”

35UYesu ke wasiyalela ukuba sihlale phantsi isihlwele;

36wazithatha ezo zonka zisixhenxe nezo ntlanzi, wabulela, waziqhekeza,
wazinika abafundi bakhe, baza bona banika isihlwele.

37Batya bonke, bahlutha, kwaza kwaqokelelwa iibhaskiti ezisixhenxe zizele
yintsalela.

38Amadoda atyáyo aba kumawaka amane, bengekho kwelo nani abafazi
nabantwana.

39Wasindulula ke uYesu isihlwele, wakhwela esikhitshaneni, wafika
kummandla waseMagadan.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

UMatewu 16

AbaFarasi nabaSadusi bafuna umqondiso
(Marko 8:11-13; Luka 12:54-56)

1 AbaFarasi nabaSadusi beza kuYesu, bathi bemlinga bacela okokuba ababonise umqondiso ophuma ezulwini.

2Waphendula ke wathi kubo: [“Ukutshona kwelanga nithi: ‘Liya kuba lihle, kuba amafu abomvu.’

3Kusasa nithi: ‘Namhlanje liza kuna, kuba lisibekele.’ Niyayahlula ke imo yezulu. Kutheni na phofu ningayahluli nje imiqondiso yeli xesha sikulo?]

4Sisizukulwana esikhohlakeleyo, nesikrexezayo ngokunganyaniseki kuThixo, esifuna umqondiso; kwaye asiyi kunikwa mqondiso ngaphandle komqondiso kaJona.” Wabashiya ke wemka.

Igwele labaFarasi nabaSadusi
(Marko 8:14-21)

5Ekuluweleni kwabo abafundi bakaYesu uLwandle lwaseGalili, bâlibala ukuphatha isonka;

6waza uYesu wathi kubo: “Ligqaleni nililumkele igwele labaFarasi nabaSadusi.”

7Bona ke babesithi omnye komnye: “Útsho ngokuba singaphathanga zonka.”

8UYesu, ekwazi oko bakuthethayo, wathi kubo: “Yini na ukuba nithethe ngokungabi nazonka, nina balukholo luncinane?

9Anikaqondi na? Anikhumbuli na ukuba zazingaphi iingobozi ezazizele yintsalela okuya ndandiqhekezela amawaka amahlanu izonka ezihlanu?

10Anikhumbuli na ukuba zazingaphi iibhaskiti ezazizele yintsalela okuya ndandiqhekezela amawaka amane izonka ezisixhenxe?

11Yini na okokuba ningaqondi ukuba bendingathethi sonka xa bendisithi kuni: ‘Lilumkeleni igwele labaFarasi nabaSadusi’?”

12Baqonda ke ngoko ukuba uYesu ubengàtsho ukuthi mabalumkele igwele lesonka, koko wayesithi mabalumkele imfundiso yabaFarasi nabaSadusi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

UPetros uyavuma ukuba uYesu unguKrestu
(Marko 8:27-30; Luka 9:18-21)

13UYesu efikile kummandla waseKhesariya-Filipi, wababuza abafundi bakhe,
esithi: “Ngaba abantu bathi ùngubani na uNyana woLuntu?”

14Bamphendula besithi: “Abathile bathi ùnguYohane umbhaptizi. Abanye
bathi ùnguEliya; babe abanye besithi ùnguJeremiya, okanye ùngomnye
wabashumayeli bamandulo.”

15Wathi kubo: “Ke nina nithi ndingubani?”

16Waphendula uSimon Petros wathi: “Wena unguye uKrestu, uNyana kaThixo
ophilayo.”

17Waphendula uYesu wathi kuye: “Unethamsanqa wena, Simon nyana
kaJona, kuba le nto akuyityhilelwanga ngumntu, uyityhilelwe nguBawo
osezulwini.

18Nam ke, ndithi kuwe: UnguPetros, igama elithetha ulwalwa; ndiya
kulakhela kolu lwalwa ke ibandla lam, kwaye namandla okufa akayi
kuloyisa.

19Ndiya kukunika igunya kulawulo olutsha lukaThixo. Kuya kuthi
okubophileyo emhlabeni, kubotshwe nasezulwini; kuthi nokukhululeyo
emhlabeni, kukhululwe nasezulwini.”

20Wabayala ke abafundi bakhe ukuba bangaxeleli bani ukuba yena unguye
uKrestu.

UYesu ufundisa okokuqala ngokufa nokuvuka kwakhe
(Marko 8:31 – 9:1; Luka 9:22-27)

21Waqala ke ngoko uYesu ukubacacisela abafundi bakhe ukuba umelwe
kukuya eJerusalem, aviswe ubunzima obukhulu ngamadoda amakhulu,
nangababingeleli abaziintloko, nangabachazi-mthetho, abulawe, aze avuke
ngomhla wesithathu.

22UPetros ke, emse bucala uYesu, wamkhalimela esithi: “Wanga uThixo
angakunceda, Nkosi; oku kungàze kwenzeke kuwe.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

23Wajika uYesu, wathi kuPetros: “Hamb' umke kum, Sathana. Uyandikhubekisa, kuba akuzinyamekeli izinto zikaThixo, unyamekela ezabantu.”

24UYesu ke wathi kubafundi bakhe: “Ofuna ukuba ngumlandeli wam makazincame, athwale umnqamlezo wakhe, andilandele;

25kuba othe wafuna ukusindisa ubomi bakhe, wolahlekelwa bubo, kodwa othe wabuncama ubomi bakhe ngenxa yam, wobusindisa.

26Kaloku komnceda ntoni na umntu, ukuba uthe walizuza ihlabathi liphela, kodwa walahlekelwa bubomi bakhe? Okanye umntu angakhupha ntoni na exabisekileyo ukuze angàlahlekelwa bubomi bakhe?

27Kaloku uNyana woLuntu selesiza, esebuqaqawulini boYise, enezithunywa zakhe. Akufika uya kubabuyekeza bonke ngabanye ngokwezenzo zabo.

28Ndithi kuni, inene, kwabakhoyo apha bakho abangayi kubonana nokufa bade bambone uNyana woLuntu efika engukumkani.”

UMatewu 17

UYesu wenziwa kumila kumbi

(Marko 9:2-13; Luka 9:28-36)

1Emva kweentsuku ezintandathu uYesu wathatha uPetros noYakobi noYohane, banyuka intaba ephakamileyo bebodwa.

2UYesu wênziwa kumila kumbi phambi kwabo, ubuso bakhe babengezela ngokwelanga, izambatho zakhe zaqaqamba njengokukhanya.

3Nâko kubonakala uMosis noEliya bethetha noYesu.

4Wasuka ke uPetros wathi kuYesu: “Nkosi, kulungile ukuba sibe lapha. Ukuba uyafuna masakhe apha amaphempe abe mathathu: elinye libe lelakho, elinye libe lelikaMosis, elinye libe lelikaEliya.”

5Esathetha kwabakho ilifu elibengezelayo, labasibekela; kwavakala nelizwi livela efini apho, lisithi: “Lo nguNyana wam endimthandayo; yivani yena.”

6Bakukuva oko abafundi bawa phantsi ngobuso, besoyika kakhulu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Waya kubo uYesu, wabavusa esithi: “Phakamani! Musani ukoyika!”

8Bawaphakamisa ke amehlo abo, àbabona mntu ngaphandle koYesu.

9Xa babesihla entabeni, uYesu wabayala esithi: “Ze ningawuxeleli bani lo mbono, ade uNyana woLuntu avuke kwabafileyo.”

10Bambuza ke uYesu abafundi, besithi: “Kungani na ukuba abachazi-mthetho bathi uEliya umelwe kukufika kuqala?”

11Waphendula wathi: “Ewe, okunene nguEliya omelwe kukufika kuqala, azilungise zonke izinto.

12Mna ke ndithi kuni: uEliya selefikile, baza abantu àbamazi, koko bênza kuye konke abakuthandayo. Ngokukwanjalo naye uNyana woLuntu seleza kuviswa ubunzima ngabo.”

13Baqonda ke abafundi okokuba wayethetha ngoYohane umbhaptizi.

Ukuphiliswa komntwana onamafufunyana
(Marko 9:14-29; Luka 9:37-43a)

14Bakubuyela esihlweleni, kweza indoda kuYesu, yaguqa phambi kwakhe,

15yathi: “Nkosi, menzele inceba unyana wam. Uphethwe kakubi sisithuthwane. Usoloko esiwa emlilweni okanye emanzini.

16Ke bendimzisile kubafundi bakho, kodwa àbaba nako ukumphilisa.”

17Waphendula uYesu wathi: “Sizukulwanandini esingàkholwayo, esigwenxa, koda kube nini ndinani, ndininyamezele? Mziseni apha kum!”

18Wayikhalimela uYesu indimoni leyo, yaza yaphuma kumntwana lowo, waphila kwangoko.

19Abafundi bakaYesu bêza kuye bucala, bathi: “Bekutheni kakade ukuze thina singabi nako ukuyikhupha le ndimoni?”

20Wathi kubo: “Kungenxa yokulambatha kokholo lwenu. Ndithi kuni, inene, ukuba beninokholo olungangokhozo lwemostade, beninokuthi kule ntaba: ‘Suka apha, uye phaya,’ ize iye, kungabikho nto ininqabelayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[21“Olu lona uhlobo alunako ukuphuma kungengako ukuthandaza nokuzila ukutya.”]

UYesu ufundisa okwesibini ngokufa nokuvuka kwakhe
(Marko 9:30-32; Luka 9:43b-45)

22Xa babelityhutyha elaseGalili, uYesu wathi kubafundi bakhe: “ UNyana woLuntu seleza kunikelwa ezandleni zabantu.

23Baya kumbulala, aze abuye avuke ngomhla wesithathu.” Baba buhlungu kakhulu ke.

UYesu uhlawula umrhumo wendlu kaThixo

24Kwathi uYesu nabafundi bakhe bakufika eKapernahum, kweza kuPetros abo bamkela umrhumo wendlu kaThixo, bathi kuye: “Umfundisi wenu akawurholi na umrhumo wendlu kaThixo?”

25Wathi: “Ewe, uyawurhola.” UPetros akungena endlwini, kwathi engekathethi, uYesu wathi kuye: “Simon, ubona njani? Ookumkani beli hlabathi barhafisa bani? Ngaba barhafisa oonyana babo, okanye abasemzini?”

26Waphendula wathi: “Abasemzini.” Waza uYesu wathi kuye: “Bakhululekile ke erhafini oonyana,

27kodwa ukuze singabakhubekisi, yiya elwandle, uphose umlobothi, uvule umlomo waloo ntlanzi uthe wayibamba kuqala. Wothi ke emlonyeni wayo ufumane iqhosha lemali elanele umrhumo wam nowakho. Yithathe ubanike, urhumele mna nawe.”

UMatewu 18

Oyena mkhulu
(Marko 9:33-37; Luka 9:46-48)

1Ngelo xesha abafundi bakaYesu beza kuye, babuza besithi: “Nguwuphi oyena mkhulu kwabalawulwa nguThixo? ”

2UYesu wabizela umntwana kuye, wammisa phambi kwabo,

© 1996 Bible Society of South Africa.

3wathi: “Ndithi kuni, inene, ukuba anithanga nijike nibe njengabantwana,
anisoze nifikelele kumgangatho wabalawulwa nguThixo.

4Oyena mkhulu kwabalawulwa nguThixo ngulowo uzithobayo abe njengalo
mntwana.

5Othe egameni lam wamkela nokuba mnye onje, wamkela mna.”

Ngezikhubekiso
(Marko 9:42-48; Luka 17:1-2)

6“Othe wakhubekisa nokuba mnye waba bancinane bakholwayo kum,
ngekumlungele kanye ukuba agangxwe ilitye lokusila entanyeni,
antywiliselwe enzonzobileni yolwandle.

7Hayi ihlabathi ngezikhubekiso! Azinakungezi izinto ezibakhubekisayo
abantu, kodwa hayi loo mntu kuza ngaye ukukhubeka!

8“Ukuba ke isandla sakho, nokuba lunyawo lwakho, luyakukhubekisa,
lunqumle, ululahle. Kulunge kanye ukuba ungene ebomini usisilima okanye
usisiqhwala, kunokuba uthi, unezandla zozibini, okanye uneenyawo zombini,
uphoswe emlilweni wangonaphakade.

9Nokuba ke iliso lakho lithe lakukhubekisa, likhuphe, ulilahle. Kulunge kanye
ukuba ungene ebomini unaliso linye, kunokuba uthi, unamehlo amabini,
uphoswe esihogweni somlilo.”

Umzekeliso ngegusha eyayilahlekile
(Luka 15:3-7)

10“Lumkani, ningadeli namnye waba bancinane. Ndithi kuni, izithunywa zabo
ezulwini zihlala ziphambi koBawo osezulwini.

[11Kaloku uNyana woLuntu weza kusindisa abo balahlekileyo.]

12“Nithini ke nina? Ukuba ubani unekhulu leegusha, kuze kulahleke ibe nye
kuzo, akayi kuzishiya na edlelweni ezo zimashumi alithoba anethoba, aye
kufuna leyo ilahlekileyo?

© 1996 Bible Society of South Africa.

13Ukuba ke uthe wayifumana, ndithi kuni, inene, uyavuya kukuyifumana leyo ngaphezu kokuba evuya zezinye ezimashumi alithoba anesithoba ezingalahlekanga.

14Kwangokunjalo naye uYihlo osezulwini akafuni kulahleke nokuba abe mnye kwaba bancinane.”

Ikholwa eliziphethe kakubi

15“Ukuba uwenu uthe wona, yiya uthethe naye ninodwa. Ukuba úthe wakuva, woba umzuzile uwenu.

16Ke ukuba úthe akeva, yiya kuye uhamba nomnye umntu, nokuba babini, ukuze loo ngxoxo ibe namangqina amabini okanye amathathu.

17Ukuba úthe akabeva nâba, xelela ibandla. Ukuba ke úthe akaliva ibandla, kuwe makabe njengâbo ungenabudlelane nabo mpela.

18“Ndithi kuni, inene, konke enithe nakubopha emhlabeni, kuya kubotshwa nasezulwini; nako konke enithe nakukhulula emhlabeni, kuya kukhululwa nasezulwini.

19“Kananjalo ndithi kuni, ukuba ababini kuni bathe bavana emhlabeni nangayiphi na indawo abanesicelo ngayo, baya kuyenzelwa nguBawo osezulwini;

20kuba apho bathe bahlangana khona egameni lam ababini nokuba ngabathathu, nam ndikho phakathi kwabo.”

Umzekeliso ngesicaka esingafuni kuxolela

21Weza uPetros kuYesu, wabuza esithi: “Nkosi, koda kube kangaphi na uwethu endona ndimxolela? Ngaba koba kasixhenxe na?”

22UYesu wathi kuye: “Hayi, akuyi kuba kasixhenxe, kuya kuba ngamashumi asixhenxe aphindwe kasixhenxe.

23Kaloku ukulawula kukaThixo kunokufaniswa nokumkani owafuna ukuphicotha amatyala ezicaka zakhe.

24Zisukanje kwaziswa kuye isicaka esinetyala elikhulu lemali.

© 1996 Bible Society of South Africa.

25Esi sicaka sasingenanto yakulihlawula eli tyala, yaza ke inkosi yayalela
ngelithi makuthengiswe ngaso, nomfazi waso, nabantwana baso, babe
ngamakhoboka, kuthengiswe nangako konke esinako, kuhlawulwe eli tyala.

26Eso sicaka ke sawa ngamadolo phambi kokumkani, sambongoza sisithi:
'Nkosi yam, khawundinyamezele; ndokuhlawula konke.'

27Yavelana naso inkosi, yasixolela elo tyala, yasikhulula.

28"Kwathi siphumanje eso sicaka, sadibana nomnye osisicaka kunye naso,
owayesibamba imalana engephi, sambamba, samkrwitsha, sisithi: 'Khupha
imali yam!'

29Sawa phantsi isicaka eso, sasibongoza esinye, sisithi: 'Khawundimele;
ndoyihlawula yonke.'

30Asivumanga, saya sasiphosa entolongweni esinye, lide libe lihlawulekile elo
tyala.

31Zathi ke ezinye izicaka, zikubonile okwenzekileyo, zakhathazeka kakhulu,
zaya kuxelela inkosi yazo konke okwenzekileyo.

32Yaza inkosi yasibiza eso sicaka senze loo nto, yathi kuso: 'Sicakandini
esikhohlakeleyo, ndâkuxolela lonke elaa tyala wakundibongoza;

33ubungamelwe na kukuba ube nenceba nawe kosisicaka kunye nawe,
njengokuba nam ndikwenzele inceba?'

34Yacaphuka inkosi yaso, yasithumela entolongweni ukuba sohlwaywe de
silihlawule lonke ityala laso.

35Uya kwenjenjalo ke nakuni uBawo osezulwini, ukuba anithanga nonke
ngabanye nawaxolela ngokupheleleyo amawenu iziphoso zawo."

UMatewu 19

Uqhawulo-mtshato
(Marko 10:1-12)

1Wathi uYesu akugqiba ukuwathetha la mazwi, wemka eGalili, wafika
kwimida yelakwaJuda, phesheya kweJordan.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

2Walandelwa yinkitha yabantu, wabaphilisa.

3Bafika kuye abaFarasi, bambuza bemlinga, bathi: “Ngaba kuvumelekile na okokuba indoda imale umfazi wayo nangasiphi na isizathu?”

4Wabaphendula wathi: “Aniyifundanga na eziBhalweni le ndawo ithi: ‘UMdali wabadala kwasekuqalekeni bayindoda nomfazi.

5Yiyo ke loo nto indoda ishiya uyise nonina nje, inamathele kumkayo, baze bamanyane’ ?

6Ke ngoko àbasebabini, koko banye. Abo ke uThixo abamanyileyo mabangahlulwa mntu.”

7AbaFarasi bathi kuye: “Kwakutheni ke ngoko ukuba uMosis avumele indoda ukuba ibhale incwadi yokuqhawula umtshato, ize imale umfazi wayo?”

8UYesu wathi kubo: “Kwakungokuba lukhuni kweentliziyo zenu ukuba uMosis anivumele nibàle abafazi benu, kodwa ekuqalekeni kwakungenjalo.

9Ke mna ndithi kuni, othe wamala umfazi wakhe, engakrexezanga, aze athathe omnye, nguye okrexezayo.”

10Ke abafundi bakaYesu bathi kuye: “Ukuba unjalo umcimbi wendoda nomfazi, ukuzeka akulunganga.”

11Waza wathi kubo: “Asingabo bonke abanako ukungàzeki, kuphela ngabo baphiweyo nguThixo.

12Kuba kaloku bakho abangenamnqweno wakuzeka, ngenxa yokuba bâzalwa benjalo, okanye bênziwa banjalo ngabantu, kanti bakwakho nâbo bakuncamileyo ukuzeka ngenxa yokuthobela ulawulo lukaThixo. Onako ukuyiva le nto makaqiqe.”

UYesu usikelela abantwana
(Marko 10:13-16; Luka 18:15-17)

13Kwaziswa abantwana kuYesu, ukuba ababeke izandla, abathandazele. Basuka abafundi bakaYesu babakhalimela abo babezisa abantwana;

© 1996 Bible Society of South Africa.

14waza uYesu wathi: “Bayekeni abantwana beze kum, ningabanqandi, kuba
ábalawulwa nguThixo ngabanjengabo.”

15Wababeka izandla abantwana, wemka.

Umfana osisityebi
(Marko 10:17-31; Luka 18:18-30)

16Kwabonakala mntu uthile esiza kuYesu, wathi: “Mfundisi, ndingenza ntoni
ilungileyo ukuze ndibe nobomi obungunaphakade?”

17UYesu wathi kuye: “Kutheni ukuba undibuze ngokulungileyo? Mnye
kuphela olungileyo. Ukuba ufuna ukubudla ubomi, yigcine imiyalelo.”

18Waza wathi: “Yiyiphi le miyalelo?” UYesu wathi: “Yile ithi: Uze ungabulali,
uze ungakrexezi, uze ungebi, uze ungangqini buxoki,

19beka uyihlo nonyoko, uze umthande ummelwane wakho kanye ngale ndlela
uzithanda ngayo nawe.”

20Ke umfana lowo wathi kuYesu: “Zonke ezi zinto ndazigcina. Ngaba
kusafuneka ndenze ntoni na?”

21UYesu wathi kuye: “Ukuba ufuna ukufeza konke ngokupheleleyo, hamba
uye kuzithengisa zonke izinto onazo, wabele amahlwempu imali leyo; woba
nobutyebi ezulwini; uze kum ke, undilandele.”

22Ekuvilé oku, umfana lowo wemka ebuhlungu, kuba wayesisinhanha.

23Waza uYesu wathi kubafundi bakhe: “Ndithi kuni, inene, kunzima kakhulu
ukuba isityebi sibuxhamle ubuncwane bokulawulwa nguThixo.

24Kananjalo ndithi kuni, kungálula ukuba inkamela iphumele entunjeni
yenaliti, kunokuba isityebi sixhamle ubuncwane bokulawulwa nguThixo.”

25Bakukuva oku abafundi, bamangaliswa kunene, bathi: “Ngubani na ke
onokusindiswa?”

26Waza uYesu wabakhangela wathi: “Abantu bona abanako ukuyenza le nto,
kodwa yena uThixo unako ukuzenza zonke izinto.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

27Wathi ke uPetros: “Khangela, thina sishiye zonke izinto sakulandela. Ngaba
siya kufumana ntoni na ke thina?”

28Waza uYesu wathi kubo: “Ndithi kuni, inene, nina eningabalandeli bam
nothi kwiphakade elitsha, xa uNyana woLuntu ahleli ebhotwe
lobungangamsha bakhe, nani nihlale kwizihlalo zobukhosi ezilishumi
elinambini, nibagwebe abezindlu ezilishumi elinambini zakwaSirayeli.

29Wonke umntu oncame ikhaya nokuba ngabantakwabo, nokuba ngoodade
wabo, nokuba nguyise, nokuba ngunina, nokuba ngabantwana, nokuba
ngamasimi, ngenxa yegama lam, uya kwamkela ngokuphinda-phindiweyo,
abe nenxaxheba kubomi obungunaphakade.

30Baninzi phofu abaya kuthi bengabokuqala babe ngabokugqibela,
nabokugqibela abaya kuba ngabokuqala.”

UMatewu 20

Umzekeliso ngabasebenzi-sidiliyeni

1“Ukulawula kukaThixo kunokufaniswa nomninimzi owaphuma kusasa, waya
kuqesha abantu bokusebenza esidiliyeni sakhe.

2Akuba evumelene nabo ukubanika loo mali baqhele ukuyamkela ngemini,
wabathumela ke esidiliyeni sakhe.

3Emva kwexesha uphinde waya ebaleni lembutho, wabona amanye amadoda
emi apho engasebenzi,

4waza wathi kuwo: ‘Nani yiyani kusebenza esidiliyeni sam. Ndonamkelisa
umvuzo ofanelekileyo.’

5Aya ke. Uphinde wenjenjalo nasemini, nasemva kwemini.

6Emalanga uphinde waya, wabona amanye amadoda emi apho, wathi kuwo:
‘Kutheni na ukuba nime apha imini yonke ningasebenzi?’

7Athi kuye: ‘Kungenxa yokuba kungekho mntu usiqeshileyo.’ Waza wathi
kuwo: ‘Nani yiyani kusebenza esidiliyeni sam.’

© 1996 Bible Society of South Africa.

8“Kwakuhlwa ke umninimzi wathi kunobhalana wakhe: ‘Babize abasebenzi,
ubamkelise, uqale ngabafike ekugqibeleni, uye kwabafike kuqala.’

9Beza ke abo babeqeshwe emalanga, baza banikwa loo mali baqhele
ukuyamkela ngemini.

10Bakufika ke abo babeqeshwe kuqala, baba baya kwamkeliswa ngaphezulu,
kodwa kwanabo banikwa loo mali baqhele ukuyamkela ngemini.

11Beyamkele ke basuke bamkhalazela umninimzi,

12besithi: ‘La madoda afike mva asebenza nje ixeshana, kanti wena
uwamkelise ngokulingana nathi, thina esibulaleke kangaka ngumsebenzi,
sitshiswa lilanga imini yonke!’

13Umninimzi wabhekisa komnye, wathi: ‘Mfondini, andiqhathanga mntu.
Besingavumelananga na ngemali eqhele ukwamkeliswa umntu ngemini?

14Thatha imali yakho, uhambe. Ndizithandele okokuba lo mntu ufike mva
ndimamkelise njengawe.

15Kakade ndingenza nayiphi na into endiyithandayo ngemali yam. Kutheni
ukuba wena ube nomona ngenxa yokuba mna ndinenceba?’

16“Kwangokunjalo ke abokugqibela boba ngabokuqala, nabokuqala babe
ngabokugqibela.”

UYesu ufundisa okwesithathu ngokufa nokuvuka kwakhe
(Marko 10:32-34; Luka 18:31-34)

17Kwathi, xa uYesu wayeza kuya eJerusalem, wababizela ecaleni abafundi
bakhe abalishumi elinambini, wathetha nabo behamba endleleni, wathi:

18“Niyabona, siya eJerusalem, apho uNyana woLuntu aya kunikelwa khona
kubabingeleli abaziintloko nakubachazi-mthetho. Baya kumgwebela ukufa,

19bamnikele ezandleni zeentlanga. Zona ke ziya kumenza intlekisa, zimkatse,
zimbethelele emnqamlezweni; aze athi ngomhla wesithathu abuye avuke
ekufeni.”

Umka-Zebhedi ucelela oonyana bakhe
(Marko 10:35-45)

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

20Ngelo xesha unina woonyana bakaZebhedi weza kuYesu, ehamba noonyana
bakhe; wafika wavova phambi kwakhe enesicelo.

21UYesu wathi kuye: “Ufuna ntoni?” Wathi yena: “Ndicela ukuba aba nyana
bam babini ubanike ezona zikhundla ziphezulu xa wena ungukumkani.”

22Waphendula uYesu wathi: “Aniyazi into eniyicelayo. Ninako
ukuyinyamezela intlungu endiza kuyiva mna?” Bathi ke bona kuye: “Sinako.”

23Wathi kubo uYesu: “Okunene, intlungu yam niya kuyiva; kodwa kona
ukwaba izikhundla akulolungelo lam. Ezo zikhundla zezabo
bazilungiselelweyo nguBawo.”

24Bekuvile oku abafundi abalishumi, bakhathazeka yile nto yaba bafo
bakaZebhedi.

25Waza uYesu wababizela kuye, wathi: “Niyazi ukuba ezintlangeni abo
balawulayo banobukhosi; nâbo bazizikhulu zazo benza ngegunya.

26Kodwa ke ze kungabi njalo phakathi kwenu. Ofuna ukuba mkhulu phakathi
kwenu, makabe ngumkhonzi wenu;

27nofuna ukuba ngowokuqala kuni, makabe sisicaka senu;

28abe njengaye uNyana woLuntu, yena ongezanga kukhonzwa, koko oweza
kukhonza nokuncama ubomi bakhe bube yintlawulelo yokukhulula
abaninzi.”

Ukuphiliswa kweemfama ezimbini zaseJeriko
(Marko 10:46-52; Luka 18:35-43)

29Ekuphumeni kwabo eJeriko, uYesu walandelwa sisihlwele esikhulu sabantu.

30Kwakukho iimfama ezimbini zihleli ngasendleleni, ezathi, zakuva ukuba
kugqitha uYesu, zadanduluka zisithi: “Nkosi, Nyana kaDavide, senzele
inceba!”

31Isihlwele sazikhalimela ukuba zithi tu, kodwa zadanduluka ngakumbi
zisithi: “Nkosi, Nyana kaDavide, senzele inceba!”

32Wema ke uYesu, wazibiza, wathi: “Nifuna ndinenzele ntoni na?”

© 1996 Bible Society of South Africa.

33Zona zathi kuye: “Nkosi, sicela ukuba kuvulwe amehlo ethu sibone.”

34Wavelana nazo ke uYesu, wawachukumisa amehlo azo, zaza kwangoko zaba nokubona, zamlandela.

UMatewu 21

UYesu ungena eJerusalem ekhwele idonki

(Marko 11:1-11; Luka 19:28-40; Yoh 12:12-19)

1Kwathi bakusondela eJerusalem, befikile eBhetefage ngaseNtabeni yemiNquma, uYesu wathuma ababini kubafundi bakhe,

2esithi kubo: “Hambani niye kule dolophana nikhangelene nayo. Nothi ke kwangoko nifumane idonki ibotshelelwe, inenkonyane yayo. Yikhululeni, nizizise kum.

3Ukuba kukho umntu othethayo, yithini kuye: ‘Ziyafuneka eNkosini. Ziza kubuyiswa kwangoku.’ ”

4Oku kwênzeka ukuze kuzaliseke okwathethwayo ngumshumayeli, esithi:

5“Yithini kwisixeko saseZiyon: ‘Khangela, uKumkani wakho uza kuwe, elulamile, ekhwele idonki, ekhwele inkonyane, ithole lento ebotshwayo.’ ”

6Baya ke abo bafundi, benza njengoko uYesu wayebayalele,

7beza nayo idonki nenkonyane yayo, baza babeka izambatho zabo phezu kwayo, uYesu wakhwela.

8Isihlwele esikhulu sabantu sazandlala izambatho zaso endleleni. Abanye baqhuzula amasebe emithini, bawandlala endleleni.

9Izihlwele ezazihamba phambi koYesu nezazimlandela zazidanduluka zisithi: “Camagu! Nyana kaDavide! Makabongwe lo uzayo egameni leNkosi! Sithi: ‘Bayethe!’ kuPhezukonke!”

10Akungena uYesu eJerusalem, isixeko sonke saphithizela, sisithi: “Ngubani na lo?”

11Izihlwele zathi: “Lo ngumshumayeli uYesu waseNazarete eGalili.”

UYesu uvala urhwebo endlwini kaThixo

© 1996 Bible Society of South Africa.

(Marko 11:15-19; Luka 19:45-48; Yoh 2:13-22)

12UYesu wangena endlwini kaThixo, waza wabakhupha abathengayo
nabathengisayo, wathi neetafile zabatshintshi bemali nezihlalo zabathengisa
ngamahobe wazibhukuqa;

13waza wathi kubo: “ EziBhalweni uThixo uthi: ‘Indlu yam yindlu
yokuthandaza.’ Ke nina niyenze umqolomba wezihange. ”

14Beza kuye ke endlwini kaThixo apho abaziimfama nabaziziqhwala, waza
wabaphilisa.

15Bona ababingeleli abaziintloko nabachazi-mthetho bahlabeka bakuyibona
imimangaliso ayenzayo, bebona nabantwana endlwini kaThixo bekhwaza
besithi: “Camagu! Nyana kaDavide!”

16Baza ke bathi kuYesu: “Uyayiva na le nto bayithethayo aba?” UYesu wathi
kubo: “Ewe. Aniyifundanga na eziBhalweni indawo ethi: ‘Wênza ukuba
udunyiswe ngabantwana naziintsana.’ ”

17Wabashiya, waphuma esixekweni, waya eBhetani, walala khona.

Umqondiso womkhiwane

(Marko 11:12-14,20-24)

18Ngentsasa elandelayo, xa wayebuyela esixekweni, walamba.

19Wathi ebone umkhiwane ngasendleleni, waya kuwo, kodwa akafumana
siqhamo, yaba ngamagqabi kuphela. Wathi kuwo: “Makungaze kubekho
siqhamo kuwe naphakade.” Waza woma kwangoko umkhiwane lowo.

20Bekubonile oku, abafundi bakaYesu bamangaliswa, bathi: “Kutheni ukuba
usuke wome ngokukhawuleza kangaka lo mkhiwane?”

21Waphendula uYesu wathi kubo: “Ndithi kuni, inene, ukuba niyakholwa,
ningathandabuzi, niya kuba nako ukuyenza le nto ndiyenzé kulo mkhiwane,
ngaphezu koko nibe nokuthi nakule ntaba: ‘Funquka, uphoseke elwandle,’ ize
yenzeke loo nto.

22Konke enikucelayo ngomthandazo nikholwa, nokwamkela.”

Igunya likaYesu

© 1996 Bible Society of South Africa.

(Marko 11:27-33; Luka 20:1-8)

23UYesu wangena endlwini kaThixo wafundisa. Beza kuye ababingeleli
abaziintloko namadoda amakhulu, bathi: “Ezi zinto uzenza ngagunya lini?
Ngubani okunike eli gunya?”

24UYesu wabaphendula esithi: “Nam ndiya kunibuza umbuzo ube mnye.
Ukuba nithe nandiphendula, ndonixelela ukuba ndizenza ngagunya lini na ezi
zinto.

25Ngaba igunya likaYohane lokubhaptiza laliphuma ezulwini, okanye
laliphuma ebantwini?” Baxoxa ke bodwa, besithi: “Ukuba sithe: ‘Laliphuma
ezulwini,’ wothi: ‘Bekungani na phofu ukuba ningàkholwa kuye?’

26Kodwa ukuba sithe: ‘Laphuma ebantwini,’ soyika isihlwele kuba bonke
bathi uYohane ungumshumayeli.”

27Baphendula bathi kuYesu: “Asazi.” Waza yena wathi kubo: “Nam ke
andinixeleli ukuba ndizenza ngagunya lini na ezi zinto.”

Umzekeliso ngoonyana ababini

28“Kwakukho umntu enoonyana ababini. Wathi kowokuqala: ‘Mntanam, yiya
kusebenza esidiliyeni namhlanje.’

29Wasuka waphendula wathi: ‘Andicingi.’ Kodwa kamva wazohlwaya, waya.

30UYise lowo wathetha kwaloo nto nakomnye unyana, waza yena wathi:
‘Ewe, tata.’ Kodwa àkaya.

31Khanitsho, nguwuphi kwaba bantwana oyenzileyo intando kayise?” Baza
bathi: “Ngowokuqala.” Ke uYesu wathi kubo: “Ndithi kuni, inene,
abaqokeleli-rhafu namahenyukazi baxhamla ubuncwane bokulawulwa
nguThixo ningekabuva nina.

32Kaloku uYohane weza kuni ekweyona ndlela iyiyo, naza nina ànamamkela.
Ke bona abaqokeleli-rhafu namahenyukazi bâmamkela. Naxa nakubonáyo
oko, anizange nide nizohlwaye, nimamkele. ”

Umzekeliso ngesidiliya nabaqeshi baso

(Marko 12:1-12; Luka 20:9-19)

© 1996 Bible Society of South Africa.

33“Nangu omnye umzekeliso. Kwakukho umninimzi owatyala isidiliya,wasibiyela, wemba isixovulelo seediliya, wakha imboniselo, wasiqeshisa kubalimi, wahambela kwelinye ilizwe.

34Lakufika ixesha lokuvuthwa kweziqhamo, wathumela izicaka zakhe kwabo balimi, ukuze amkele esakhe isabelo eziqhameni zesidiliya eso.

35Basuka bona abalimi basibetha esinye isicaka, esinye basibulala, esinye basigibisela ngamatye.

36Wabuya ke wathuma ezinye izicaka, zizininzi kunezokuqala, baza benza kwaloo nto nakuzo.

37Emva koko wathumela unyana wakhe kubo, esithi: ‘Noko bomhlonela yena unyana wam.’

38Kodwa abalimi, bakumbona unyana, bathethana bodwa, besithi: ‘Yindlalifa le. Yizani siyibulale, ilifa libe lelethu.’

39Bambamba, bamphosa ngaphandle kwesidiliya, bambulala.

40“Akufika ke umnini-sidiliya, uya kubathini abo balimi?”

41Baza bathi kuye: “Uya kubatshabalalisa kakubi abo bantu bakhohlakeleyo, isidiliya eso asiqeshise kwabanye abalimi, abaya kumnika isabelo sakhe seziqhamo ngexesha lokuvuthwa kwazo.”

42UYesu wathi kubo: “Aniyifundanga na eziBhalweni le ndawo ithi: “ ‘Ilitye abalidelayo abakhi lilo elaba lelona libalulekileyo lesiseko. Oku kwênzeka kuvela eNkosini; kungummangaliso emehlweni ethu.’

43“Ke ngoko, ndithi kuni, ukulawulwa nguThixo kuya kuniphosa, kufunyanwe luhlanga oluzivelisayo iziqhamo zolawulo lukaThixo.

[44Bonke abathe bawa phezu kweli litye botyumka; ke bona elithe labawela bocoleka.]”

45Bakuyiva imizekeliso kaYesu, ababingeleli abaziintloko nabaFarasi baqonda okokuba uthetha ngabo,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

46baza bafuna ukumbamba, kodwa babesoyika isihlwele esasisithi uYesu
ungumshumayeli.

UMatewu 22

Umzekeliso ngesidlo esikhulu
(Luka 14:15-24)

1Waphinda uYesu wathetha nabo ngemizekeliso, esithi:

2“Ukulawula kukaThixo kunokufaniswa nokumkani owamenzela umsitho
unyana wakhe.

3Wazithuma izicaka zakhe ukuba ziye kubabiza abamenyiweyo, beze
emsithweni. Kodwa bona abavumanga;

4waphinda wathuma ezinye izicaka, esithi mazithi kwâbo bamenyiweyo:
‘Niyabona, isidlo sam sendisilungisile. Iinkomo zam nempahla yam
etyetyisiweyo sezixheliwe. Konke sekulungile; yizani emsithweni.’

5Kodwa nangoko abo bamenyiweyo abayikhathalelanga loo nto, basuka
omnye waya emasimini akhe, omnye waya evenkileni yakhe;

6baza bathi abanye bazibamba izicaka ezi, baziphatha kakubi, bazibulala.

7Waba nomsindo ke ukumkani, wathuma amajoni akhe, wabatshabalalisa abo
babulali, wayitshisa idolophu yabo.

8Waza wathi kwizicaka zakhe: ‘Okunene umsitho sewulungile, kodwa
abamenyiweyo abafanelekanga.

9Ke ngoko yiyani apho zihlangana khona iindlela, nibamemele emsithweni
bonke abantu enibafumanayo.’

10Zaphuma ezo zicaka, zaya ezindleleni, zabahlanganisa bonke abo
zabafumanáyo, abakhohlakeleyo kwanabalungileyo. Indlu yomsitho yazala
yema ngeembambo.

11“Kwathi, akungena ukumkani, esiya kubona abasemsithweni, wabona
kukho umntu ongayambathanga ingubo yomsitho,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12waza wathi kuye: ‘Mfondini, ungene njani na apha ungenáyo ingubo yomsitho?’ Wakhohlwa kukuphendula.

13Waza ukumkani wathi kwizicaka: ‘Mbopheni izandla neenyawo, nimphose phandle ebumnyameni lee, apho kuya kubakho ukulila nokungcungcutheka.’

14Kaloku baninzi abamenyiweyo, kodwa bambalwa abanyuliweyo.”

Umbuzo ngerhafu
(Marko 12:13-17; Luka 20:20-26)

15Bâya kubhunga ke abaFarasi, becebisana ngokumbambisa ngamazwi uYesu.

16Bathumela abafundi babo kuye, benamaHerode, bathi: “Mfundisi, siyazi ukuba uthembekile, uyifundisa ngenyaniso indlela kaThixo, kuba akucengi bani, ungenamkhethe.

17Khawutsho ke, ngaba kuvumelekile na ukurhafa kuKhesare, okanye akuvumelekanga?”

18Ke uYesu, eyazi inkohlakalo yabo, wathi kubo: “Bahanahanisindini, nindilingelani na?

19Ndiboniseni imali ekurhafwa ngayo.” Bayizisa ke,

20waza wathi kubo: “Ngokabani lo mfanekiso neli gama?” Bathi kuye: “NgokaKhesare.”

21Waza uYesu wathi kubo: “Ke, nikani uKhesare okufanele uKhesare, ninike uThixo okufanele uThixo.”

22Bakuva bamangaliswa, bamyeka bemka.

Umbuzo ngovuko lwabafileyo
(Marko 12:18-27; Luka 20:27-40)

23Kwangaloo mini kweza abaSadusi kuYesu (bona abo bathi akukho luvuko lwabafileyo), bambuza

24besithi: “Mfundisi, uMosis wathi: ‘Ukuba ubani uthe wafa engekabi nabantwana, makathi umntakwabo amngene umfazi womfi lowo, azalelwe abantwana.’

© 1996 Bible Society of South Africa.

25Ke kaloku, phakathi kwethu kwakukho oonyana bomntu omnye abasixhenxe, yaza inkulu yazeka umfazi, yasweleka ingenabantwana, waza umfazi lowo waba ngowomninawa.

26Nomninawa lowo wabhubha kungekho mntwana, umfazi waba ngowowesithathu. Kwaba ngokunjalo nakulo mninawa, kwada kwaya kowesixhenxe.

27Emva kwabo bonke wasweleka naye umfazi.

28Ke ngoko eluvukweni lwabafileyo uya kuba ngumfazi wawuphi kubo? Kuba kaloku bosixhenxe babenaye."

29Waphendula uYesu, wathi kubo: "Nilahlekiswa kukuba ningaziqondi iziBhalo, ningawazi namandla kaThixo.

30Kaloku xa abafileyo bathe babuya bavuka àbazeki, àbendiswa; banjengezithunywa ezisezulwini.

31Ngokusingisele kukuvuswa kwabafileyo, aniyifundanga na into ethethwe kuni nguThixo, esithi:

32'Mna ndinguThixo ka-Abraham, uThixo kaIsake, uThixo kaYakobi'? UThixo ke akaThixo wabafileyo, ungowabaphilayo."

33Zathi izihlwele, zakukuva oku, zamangaliswa yimfundiso yakhe.

Owona myalelo mkhulu
(Marko 12:28-34; Luka 10:25-28)

34 AbaFarasi, bakuva ukuba uYesu ubavale umlomo abaSadusi, bahlanganisana,

35waza omnye kubo, onolwazi ngomthetho, wambuza emlinga,

36wathi: "Mfundisi, owona myalelo mkhulu emthethweni nguwuphi?"

37Waza uYesu wathi: " 'Uze uyithande iNkosi uThixo wakho ngentliziyo yakho iphela, nangomphefumlo wakho uphela, nangengqondo yakho iphela.'

38Nguwo lowo owokuqala nomkhulu umthetho.

© 1996 Bible Society of South Africa.

39Owesibini ke ufana nawo: ‘Uze umthande ummelwane wakho kanye ngale
ndlela uzithanda ngayo nawe.’

40Wonke umthetho kaMosis nako konke okufundiswa ngabashumayeli
bamandulo kuxhomekeke kule miyalelo mibini.”

UKrestu unyana kaDavide
(Marko 12:35-37; Luka 20:41-44)

41Xa babehlanganisene abaFarasi, uYesu wababuza esithi:

42“Nithini na nina ngaye uKrestu? Úyinto kabani?” Baza bathi:
“NgokaDavide.”

43Waza wathi kubo: “Kutheni na ke phofu ukuba ngamandla oMoya uDavide
abize uKrestu ngokuthi ‘Nkosi’, apho athi:

44“ ‘Yathi iNkosi eNkosini yam: Hlala ngakum kweli wonga, lo gama
ndikoyisela iintshaba zakho’?

45“Ukuba uDavide uthi uKrestu yiNkosi, angathini na ukuba ngunyana
wakhe?”

46Akubangakho namnye unako ukuphendula nelizwi eli; kwathi, ukususela
kuloo mini, akwaba sabakho bani unesibindi sakumbuza nento le.

UMatewu 23

UYesu ulumkisa ngabachazi-mthetho nabaFarasi
(Marko 12:38-39; Luka 11:43,46; 20:45-46)

1Waza uYesu wathetha nesihlwele nabafundi bakhe,

2esithi: “Abachazi-mthetho nabaFarasi banegunya lokuchaza umthetho
kaMosis.

3Ke ngoko kuveni nikwenze konke abanokuthi banixelele kona; kodwa
ukwenza ze ningenzi ngokwezenzo zabo, kuba bayathetha baze kwabona
bangakwenzi oko bakuthethileyo.

4Kaloku iimfundiso zabo ziyimithwalo enzima, abayibeka emagxeni abantu,
kanti bona ngokwabo abafuni ukuyichukumisa nangomnwe lo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5Konke okulungileyo abakwenzayo, bakwenzela ukuze babonwe ngabantu.
Bawabopha ngemixwayo ebanzi amaqhaga anezicatshulwa
zomthetho; bazenze nde iintshinga zezambatho zabo;

6bathande iindawo zamawonga ezidlweni, nezihlalo eziphambili ezindlwini
zesikhungo;

7bathande ukuba kukhahlelwe kubo emabaleni embutho, bethanda nokuba
abantu bathi kubo: ‘Mfundisi!’

8Ke kuni ze kungathiwa ‘mfundisi,’ kuba mnye uMfundisi eninaye, nibe nina
nonke niyimilowo.

9Ze ningabizi mntu emhlabeni apha ngokuthi nguyihlo, kuba mnye uYihlo,
lowo ke usezulwini.

10Ngokukwanjalo ze kungàthiwa niziinkokheli, kuba mnye uMkhokeli wenu,
uKrestu ke.

11Omkhulu kuni makabe sisicaka senu.

12Lowo uziphakamisayo uya kuthotywa, athi lowo uzithobayo
aphakanyiswe.”

UYesu ukhalimela abachazi-mthetho nabaFarasi

(Marko 12:40; Luka 11:39-42,44,52; 20:47)

13“Mawoo, nina bachazi-mthetho nani baFarasi, mamenemenendini!
Niyabathintela abantu ekulawulweni nguThixo, kuba nina ngokwenu anivumi
ukulawulwa nguye, nize nibanqande nâbo bafuna ukulawulwa nguye.

[14“Mawoo, nina bachazi-mthetho nani baFarasi, mamenemenendini!
Niyayiphanga imizi yabahlolokazi, nize nihanahanise nitsho ngemilembelele
yemithandazo. Ngenxa yoko niya kufumana esona sohlwayo sikhulu.]

15“Mawoo, nina bachazi-mthetho nani baFarasi, mamenemenendini!
Nityhutyha ulwandle nomhlaba ukuze nizuze nokuba mnye ongenayo
ebuJudeni; kuthi ke, nakuba nimzuzile, nimenze ofanelwe sisihogo
ngokuphindiweyo kunani.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16“Mawoo, nina zinkokheli ziziimfama, nina enithi: ‘Ofunge indlu kaThixo,
akunto oko; kodwa ofunge igolide yendlu leyo, ubotshiwe sisifungo sakhe.’

17Zidengendini zeemfama, kanene yintoni na enkulu? Ngaba yigolide leyo,
okanye yindlu eyenza ibaluleke loo golide?

18Kwakhona nithi: ‘Ofunge iqonga lamadini, akunto oko; kodwa ofunge
umnikelo ophezu kweqonga, ubotshiwe sisifungo sakhe.’

19Zimfamandini, ngaba yintoni na enkulu? Ngaba ngumnikelo lowo, okanye
liqonga lamadini elenza ubaluleke loo mnikelo?

20Ngoko ke, othe wafunga iqonga lamadini, ufunga lona kwanako konke
okuphezu kwalo;

21nalowo uthe wafunga indlu kaThixo, ufunga yona kwanalowo iyindlu
yakhe.

22Othe wafunga izulu, ufunga ikomkhulu likaThixo, efunga lowo uphetheyo
apho.

23“Mawoo, nina bachazi-mthetho nani baFarasi, mamenemenendini! Ninikela
kuThixo ngesishumi sayo imifuno enjengetyeleba nedile nekumin, kanti
niyazityeshela ezona zinto zizizo zomthetho: ubulungisa, inceba,
nentembeko. Ezi zinto benimelwe kukuzenza, nithi neziya ningazityesheli.

24Zinkokhelindini eziziimfama, nihluza imbuzane, nisuke niginye isilo
esingangenkamela.

25“Mawoo, nina bachazi-mthetho nani baFarasi, mamenemenendini!
Nihlamba umphandle wendebe nesitya, kanti ngaphakathi zizele
kokufunyenwe ngokuphanga nokunyoluka.

26MFarasindini oyimfama, kuqala hlambulula umphakathi wendebe, wothi ke
nomphandle ube uhlambulukile.

27“Mawoo, nina bachazi-mthetho nani baFarasi, mamenemenendini! Nifana
namangcwaba avetiweyo, ambonakalo intle, kanti ngaphakathi azele
ngamathambo ezidumbu nako konke okungcolileyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

28Ngokukwanjalo nani okunene nibonakala ebantwini ngathi ningamalungisa,
kanti ngaphakathi ezintliziyweni nizele luhanahaniso nenkcaso-mthetho.”

UYesu uthetha ngesohlwayo sabachazi-mthetho nabaFarasi
(Luka 11:47-51)

29“Mawoo, nina bachazi-mthetho nani baFarasi, mamenemenendini! Nakha
amangcwaba abashumayeli, nizihombise iindawo zokufihlwa kwamalungisa.

30Nithi: ‘Ukuba sasikho thina kwimihla yoobawo, ngesingahambisananga
nabo ngokubulawa kwabashumayeli.’

31Ngokutsho nina ngokwenu niyangqina ukuba ningoonyana bâbo
bababulalayo abashumayeli.

32Qhubelani phambili ke, nikufeze oko kwaqalwayo ngooyihlo.

33Zinyokandini, nzalandini yamarhamba, nothini na ukusinda
ningàgwetyelwa isihogo?

34Ke ngoko, niyabona, ndonithumela abashumayeli, nezilumko, nabachazi-
mthetho. Inxenye yabo niya kuyibulala, niyibethelele eminqamlezweni;
inxenye niyikatse ezindlwini zenu zesikhungo, nibatshutshisa kwizixeko
ngezixeko.

35Ngako oko lobizwa kuni igazi lawo onke amalungisa elithe laphalazwa
emhlabeni, ukususela kwelika-Abheli olilungisa, kuse kwelikaZakariya,
unyana kaBherekiya, enambulalela endlwini kaThixo phakathi kwengcwele
neqonga lamadini.

36Ndithi kuni, inene, isohlwayo sazo zonke ezo zinto siya kuba phezu
kwabantu besi sizukulwana.”

UYesu usizela iJerusalem
(Luka 13:34-35)

37“Jerusalem, Jerusalem, wena mbulali wabashumayeli, ubaxuluba ngamatye
abo bathunywe kuwe nguThixo! Kunini na ndifuna ukubawola abantu bakho
ngokwesikhukukazi esigquma amantshontsho aso ngamaphiko, waza
àwavuma!

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

38Niyabona ke, uThixo uyanifulathela nomzi wenu.

39Ndithi kuni, ukususela ngoku anisayi kuba sandibona, de nithi: ‘Makabongwe lowo uzayo egameni leNkosi.’ ”

UMatewu 24

UYesu uthetha ngokudilizwa kwendlu kaThixo
(Marko 13:1-2; Luka 21:5-6)

1Xa uYesu wayephuma endlwini kaThixo bafika abafundi bakhe, bambonisa isakhiwo sendlu leyo.

2Waphendula wathi kubo: “Niyazibona zonke ezi zinto? Ndithi kuni, inene, akuyi kusala litye phezu kwelitye apha elingayi kudilizwa.”

Ukuqala kwentshutshiso
(Marko 13:3-13; Luka 21:7-19)

3Kwathi, xa uYesu wayehleli phantsi eNtabeni yemiNquma, beza kuye bebodwa abafundi, bathi: “Sixelele ukuba ziya kubakho nini na ezo zinto, nokuba uya kuba yintoni na umqondiso wokuza kwazo nowokupheliswa kweli phakade?”

4Waza waphendula uYesu wathi: “Lumkani, ningàlahlekiswa bani,

5kuba baninzi abaya kuza besebenzisa igama lam, besithi banguye uKrestu, balahlekise into eninzi yabantu.

6Niya kuthi nive iimfazwe, namarhe eemfazwe; kodwa lumkani, ningabi navuso, kuba ezo zinto zimelwe kukubakho, kanti ke akukabi kuko ukuphela oko.

7Uhlanga luya kuvukelana nohlanga, nokumkani avukelane nokumkani; kuya kubakho iindlala, neenyikima zomhlaba kwiindawo ngeendawo.

8Kunjengokuqala kwenimba ke konke oku.

9“Ngelo xesha baya kunibamba, baninikele ekutshutshisweni, banibulale. Niya kuthiywa ziintlanga zonke ngenxa yegama lam.

10Ngelo xesha abaninzi baya kurhoxa elukholweni, bangcatshane, bathiyane.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Kuya kuvela abashumayeli abaxokayo, balahlekise abantu abaninzi.

12Ububi buya kwanda kangangokuba luphole uthando lwabaninzi.

13Ke lowo uzingisa kude kube sekupheleni wosindiswa.

14Ezi ndaba zimnandi zolawulo lukaThixo ziya kushunyayelwa kulo lonke ihlabathi, zibe bubungqina kuzo zonke iintlanga, size ke sifike isiphelo.”

Imbandezelo enkulu
(Marko 13:14-23; Luka 21:20-24)

15“Xa ke ngoko nithe nalibona ‘isikizi elimanyumnyezi, mhla ngophanziso;’ elo umshumayeli uDaniyeli athetha ngalo, limi ‘endaweni engcwele’ (ofundayo makaqiqe),

16mabathi ngelo xesha abakwelakwaJuda babalekele ezintabeni.

17Ophezu kwendlu ke makangehli ukuya kuthatha nto endlwini yakhe.

18Nalowo usentsimini makangabi sayiphuthuma ingubo yakhe.

19Hayi ke kwabanzima nabadlezane ngaloo mihla!

20Thandazelani ukuba ukubaleka kwenu kungabi sebusika okanye ngoMhla woPhumlo,

21kuba ngelo xesha kuya kubakho imbandezelo engazange ibekho ukususela ekudalweni kwehlabathi kude kube ngoku, kwaye ingasayi kuphinda ibekho enjalo.

22Ke ukuba uThixo ebengayicuthanga loo mihla, bekungayi kubakho bani usindayo; kodwa ngenxa yâbo banyuliweyo, uThixo woyicutha loo mihla.

23“Ngelo xesha ke, ukuba ubani uthe kuni: ‘Nanku apha uKrestu;’ nokuba uthe: ‘Nankuya phaya;’ musani ukuyamkela loo nto;

24kuba kuya kuvela abathi banguKrestu, abangenguye; kuvele nabashumayeli abangengabo, benze imiqondiso nemimangaliso emikhulu kangangokuba bade babalahlekise, ukuba bekunokwenzeka oko, kwanabanyulwa bakaThixo.

25Niyabona, ndinixelela ezi zinto zingekenzeki.

© 1996 Bible Society of South Africa.

26“Ukuba ke kuthiwa kuni: ‘Nankuya entlango,’ ze ningayi; nokuba kuthiwa:
‘Nankuya endlwini,’ ze ningakwamkeli oko;

27kuba ukufika koNyana woLuntu kuya kuba njengombane omenyezela
empumalanga, ubonakale kude kuse entshonalanga.

28“Apho sikhona isidumbu, kulapho aya kuhlanganisana khona
amaxhalanga.”

Ukuza koNyana woLuntu
(Marko 13:24-27; Luka 21:25-28)

29“Kwangoko emva kwembandezelo yaloo mihla, ilanga liya kwenziwa
mnyama, ithi nenyanga ingakhanyi, zithi neenkwenkwezi zivuthuluke
ezulwini, nako konke okunamandla esibhakabhakeni kudunga-dungeke.

30Ngelo xesha uya kubonakala ezulwini umqondiso woNyana woLuntu, zize
zonke iintlanga zehlabathi zenze isijwili, zimbona uNyana woLuntu esiza
esemafini enamandla nobuqaqawuli obukhulu.

31Liya kuvakala ke ixilongo elikhulu, azithumele eziphelweni zehlabathi
izithunywa zakhe, zibahlanganisele ndawonye abanyulwa bakhe, bevela
kumacala omane omhlaba, kususela esiphelweni somhlaba, kuye esiphelweni
sawo.”

Umzekeliso ngomkhiwane
(Marko 13:28-31; Luka 21:29-33)

32“Fundani kuwo umkhiwane ongumzekelo kuni. Xa sewuthe wathamba
amasebe, wahluma amagqabi, niyazi ukuba ihlobo likufuphi.

33Ngokukwanjalo ke, xa nithe nazibona ezo zinto zisenzeka, yazini ukuba
kukufuphi, sekusemnyango.

34Ndithi kuni, inene, esi sizukulwana asiyi kudlula zingadanga zenzeke zonke
ezi zinto.

35Liya kudlula izulu nehlabathi; ke wona amazwi am akasayi kuze adlule.”

Phaphani nilinde!
(Marko 13:32-37; Luka 17:26-30,34-36)

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

36“Ke akukho bani uwaziyo loo mhla nelo xesha. Kwanezithunywa
ezisezulwini azazi, engazi naye uNyana lo. Kuphela nguYise owaziyo.

37Njengoko kwakunjalo ngemihla kaNowa, koba kwanjalo ukufika kwakhe
uNyana woLuntu.

38Njengokuba babesithi ngemihla yangaphambi konogumbe badle, basele,
bazeke, bendise, kwada kwayimini yokungena kukaNowa enqanaweni,

39bengaqondi, wada wafika unogumbe wabakhukulisa bonke, koba kwanjalo
ukufika kwakhe uNyana woLuntu.

40Ngelo xesha kothi ababini besentsimini, omnye athathwe, omnye ashiywe.

41Abafazi ababini boba besila elityeni lokusila, omnye athathwe, omnye
ashiywe.

42“Phaphani ngoko, kuba ningàwazi umhla wokufika kweNkosi yenu.

43Kakade ukuba umninimzi ebesazi ukuba isela lofika nini na ebusuku, nge-
egadile, waza àkavuma ukuba kuqhekezwe endlwini yakhe.

44Nani ke ngoko hlalani nizilungiselele, kuba uNyana woLuntu wofika
ngexesha eningalilindelanga.”

Umzekeliso ngokuthembeka okanye ukungathembeki kwesicaka
(Luka 12:41-48)

45“Ngubani na oseso sicaka sithembekileyo siqondayo, eyathi inkosi yaso
yasimisa phezu kwabendlu yayo, ukuze sibanike umxhesho wabo ngexesha
elililo?

46Siyachulumacha eso sicaka eyothi inkosi yaso yakufika isifumane
sisenjenjalo.

47Ndithi kuni, inene, eso sicaka inkosi yosiphathisa yonke impahla yayo.

48Kodwa ukuba eso sicaka sikhohlakele, sisuke sicinge sithi: ‘Inkosi yam
ilibele;’

49size sisuke sibabethe abazizicaka kunye naso, sidle sisele kunye namanxila;

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

50yofika inkosi yeso sicaka ngemini esingayilindelanga, nangelixa esingalaziyo,

51ize isixabele kubini njengokuba kusenziwa kwabangathembekanga. Kuya kubakho ukulila nokungcungcutheka apho.”

UMatewu 25

Umzekeliso ngeentombi ezilishumi

1“Ngelo xesha ulawulo lukaThixo luya kufana nokweentombi ezilishumi, ezazithathayo izibane zazo, zaya kuhlangabeza umyeni.

2Ke ezintlanu kuzo zazizizidenge, ezintlanu zizizilumko.

3Ezizizidenge zazithatha izibane zazo, kodwa azayipatha ioyile yokongeza.

4Zona ezizizilumko zathi kunye nezibane zazo zahamba ziphethe ioyile ngezitya.

5Umyeni walibazisa ukufika, zaza iintombi ezi zonke zozela zalala.

6“Ezinzulwini zobusuku kwamenyezwa kusithiwa: ‘Nanko umyeni; phumani niye kumhlangabeza!’

7Zavuka ke zonke iintombi ezo, zazilungisa izibane zazo.

8Zaza ezizizidenge zathi kwezizizilumko: ‘Sipheni kwioyile yenu leyo, kuba izibane zethu ziyacima.’

9Kodwa zalandula ezizizilumko, zisithi: ‘Hleze inganeli kuthi nakuni, yiyani kwabayithengisayo, nizithengele.’

10Kwathi ke, zisaya, wafika umyeni, zaza ezo ntombi bezisezilungile zangena kunye naye emsithweni, kwaza kwavalwa emnyango.

11“Kamva zafika nezinye iintombi ezo, zathi: ‘Nkosi, sivulele.’

12Yaphendula yona yathi: ‘Ndithi kuni, inene, nina àndinazi.’

13“Phaphani ke ngoko, ngokuba ningayazi imini kwanalo ilixa.”

Umzekeliso ngezicaka ezazigciniswe imali

(Luka 19:11-27)

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

14“Kuya kuba njengomntu owathi, eza kuhambela kwelinye ilizwe, wazibiza
izicaka zakhe, wayigcinisa kuzo impahla yakhe.

15Esinye usinike imali ekumawaka amahlanu eerandi, esinye ekumawaka
amabini, nesinye ekwiwaka elinye, ezinika ngokwamandla azo. Wahamba ke.

16Eso sanikwa ekumawaka amahlanu, sithe kwangoko sasebenza ngawo,
sazuza amanye amahlanu.

17Ngokukwanjalo neso sanikwa ekumawaka amabini, sazuza amanye
amabini.

18Ke sona eso sasinikwe ekwiwaka elinyé, semka saya kuyimbela siyifihla
imali yenkosi yaso.

19“Emva kwexesha elide yabuya inkosi yezi zicaka, yafuna ingxelo kuzo.

20Seza eso sasinikwe ekumawaka amahlanu, siphethe kwanamanye
amahlanu, sathi: ‘Nkosi, ubundigcinise imali ekumawaka amahlanu eerandi.
Nantsi ke enye, mhlekazi, ekumawaka amahlanu endithe ndayizuza.’

21Yaza yathi kuso inkosi yaso: ‘Ngxatsho ke, sicaka sam esilungileyo,
esithembekileyo! Ubuthembekile kwizinto ezimbalwa; ndiya kukuphathisa
izinto ezininzi. Ngena uchwayite kunye nenkosi yakho.’

22“Seza neso sicaka sasinikwe ekumawaka amabini, sathi: ‘Nkosi,
ubundigcinise imali ekumawaka amabini eerandi. Nantsi ke, mhlekazi, enye
ekumawaka amabini endithe ndayizuza.’

23Yaza yathi kuso inkosi yaso: ‘Ngxatsho ke, sicaka sam esilungileyo,
esithembekileyo! Ubuthembekile kwizinto ezimbalwa; ndiya kukuphathisa
izinto ezininzi. Ngena uchwayite kunye nenkosi yakho.’

24“Seza ke neso sicaka sasinikwe ekwiwaka elinyé, sathi: ‘Nkosi, bendikwazi
wena ukuba ungumntu ongqongqo, ovuna ongakuhlwayelanga, uqokelele
ongakulimanga.

25Bendisoyika, ndaza ndaya kuyembela ndayifihla imali yakho. Nantsi ke
imali yakho, mhlekazi.’

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

26Yaphendula inkosi yaso, yathi kuso: ‘Sicakandini esikhohlakeleyo, esilivila, ubusazi nje ukuba ndingumntu ovuna apho angahlwayelanga khona, aqokelele apho angachithanga khona.

27Ubumelwe ke ngoko ukuyifaka ebhankini imali yam, ndize ndithi, ndakufika, ndiyifumane inenzala.

28Ke ngoko esi sicaka sihlutheni iwaka elo, nilinike eso siphethe ekumawaka alishumi.

29Wonke umntu onolutho uya kunikwa, abe nezinto ngakumbi; kodwa lowo ungenanto uya kuhluthwa naloo nto anayo.

30Ke sona esi sifede sesicaka siphoseni phandle lee ebumnyameni, apho kuya kubakho ukulila nokungcungcutheka.’ ”

Imini yomgwebo

31“Xa athe wafika uNyana woLuntu esebuqaqawulini bakhe, enazo zonke izithunywa zezulu, uya kuhlala enkundleni yakhe yobungangamsha,

32zihlanganiselwe phambi kwakhe zonke iintlanga. Wothi ke abahlule abanye kwabanye ngokomalusi esahlula iigusha ezibhokhweni.

33Zona iigusha wozibeka ngasekunene kwakhe, iibhokhwe ngasekhohlo.

34Ukumkani ke uya kuthi kwabangasekunene: ‘Yizani, nina basikelelweyo nguBawo, nixhamle uyolo lolawulo enalulungiselelwayo kwasekusekweni kwehlabathi;

35kuba ndandilambile, nandipha ukutya; ndandinxaniwe, nandipha amanzi; ndandingowasemzini, nandamkela;

36ndandihamba ze, nandambathisa; ndandigula, nandihambela; ndandisentolongweni, nandivelela.’

37“Omphendula ke amalungisa esithi: ‘Nkosi, ngaba sakubona nini na ulambile, sakupha ukutya; unxaniwe, sakunika amanzi?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

38Ngaba sakubona nini na ungowasemzini, sakwamkela; uhamba ze, sakwambathisa?

39Ngaba sakubona nini na ugula, okanye usentolongweni, sakuhambela?’

40Wophendula ukumkani athi kuwo: ‘Ndithi kuni, inene, ekubeni nithe nenjenjalo nakomnye kula mawethu angawona agqusha eluthulini, nithe nenjenjalo nakum.’

41“Wothi ke kwabo bangasekhohlo: ‘Mkani kum, nina baqalekisiweyo nguThixo, niye emlilweni ongunaphakade, olungiselelwe umtyholi nezithunywa zakhe;

42kuba ndandilambile, naza ànandipha kutya; ndandinxaniwe, naza anandipha manzi;

43ndandingowasemzini, naza anandamkela; ndandihamba ze, naza anandambathisa; ndandigula, ndandisentolongweni, naza ànandihambela.’

44“Bophendula ke bathi: ‘Nkosi, ngaba sakubona nini na ulambile, unxaniwe, ungowasemzini, uhamba ze, ugula, okanye usentolongweni, saza àsakunceda?’

45Wobaphendula ke athi: ‘Ndithi kuni, inene, ekubeni ningenzanga njalo nakumnye waba bangabona bancinane, anenzanga njalo nakum.’

46Baya kumka aba, baye esohlwayweni esingunaphakade. Ke wona amalungisa aya kuya ebomini obungunaphakade.”

UMatewu 26

UYesu uyabhungwa

(Marko 14:1-2; Luka 22:1-2; Yoh 11:45-53)

1Xa uYesu wayewagqibile onke la mazwi, wathi kubafundi bakhe:

2“Niyazi ukuba emva kweentsuku ezimbini iza kuba yiPasika. Wothi ke uNyana woLuntu anikelwe ukuba abethelelwe emnqamlezweni.”

3Ngelo xesha ababingeleli abaziintloko namadoda amakhulu abantu babehlanganisene emzini kaKayafa, umbingeleli omkhulu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Babebhunga iqhinga lokumbamba uYesu, bambulale.

5Kodwa babesithi: “Oku makungenziwa ngePasika, hleze kubekho isiphithi-phithi.”

Ukuthanjiswa kukaYesu eBhetani
(Marko 14:3-9; Yoh 12:1-8)

6Kwathi uYesu eseBhetani, endlwini kaSimon uZitshangubana,

7kwafika umntu obhinqileyo eneqhaga lelitye lelabhastile, linesiqholo esixabiso likhulu kunene. Kwathi, uYesu esetafileni, le ntokazi yamgalela entloko ngesiqholo eso.

8Bekubona oku, abafundi bakaYesu bakhathazeka, bathi: “Bekutheni ukuze kwenziwe le nkcitho ingaka?

9Esi siqholo ngesithengiswe ngemali eninzi, kwaphiwa amahlwempu.”

10UYesu, ekwazi abakuthethayo, wathi kubo: “Niyikhathazelani na le ntokazi? Indenzele into entle.

11Kaloku amahlwempu nisoloko ninawo;ke mna anisoloko ninam.

12Le ntokazi ithe ngokwenjenje yawuthambisela ukungcwatywa umzimba wam.

13Ndithi kuni, inene, naphi na apho zithe zavakaliswa khona ezi ndaba zimnandi kulo lonke ihlabathi, iya kuxelwa nayo le nto iyenzileyo yona, ibe sisikhumbuzo ngayo.”

UJudas uceba ukungcatsha uYesu
(Marko 14:10-11; Luka 22:3-6)

14Ngelo xesha uJudas Sikariyoti, omnye wabafundi abalishumi elinambini, waya kubabingeleli abaziintloko,

15wathi: “Nondinika ntoni na ukuba ndithe uYesu ndamnikela kuni?” Ke bamnika amaqhosha amashumi mathathu emali yesiliva.

16Ukususela ngoko uJudas wazungula ukufumana ithuba lokumbambisa uYesu.

UYesu nabafundi bakhe batya iPasika

© 1996 Bible Society of South Africa.

(Marko 14:12-21; Luka 22:7-14,21-23; Yoh 13:21-30)

17Ke kaloku ngowokuqala umhla wetheko lezonka ezingenagwele, abafundi
bakaYesu beza kuye, bathi: “Ufuna ukuba siye kuyilungiselela phi na
iPasika?”

18Waza wathi: “Hambani niye esixekweni kumntu othile, nithi kuye:
‘UMfundisi uthi: Ixesha lam lisondele. Mna nabafundi bam siya kuyityela
kwakho iPasika.’ ”

19Benza ke abafundi njengoko uYesu wayebayalele ngako, bayilungiselela
iPasika.

20Kwakuhlwa ke, uYesu waya kuhlala etafileni, enabafundi bakhe abalishumi
elinambini.

21Xa babesitya, uYesu wathi: “Ndithi kuni, inene, omnye kuni uya
kundingcatsha.”

22Baza ke baba buhlungu, besithi kuye ngabanye: “Ngaba iya kuba ndim na,
Nkosi?”

23Wabaphendula wathi: “Lowo usithi nkxu esityeni isonka kunye nam, nguye
oya kundingcatsha.

24Okunene yena uNyana woLuntu uyemka, njengoko zitshoyo ngaye iziBhalo;
kodwa hayi loo mntu angcatshwa nguye uNyana woLuntu! Ngekumlungele
loo mntu ukuba ebengazalwanga.”

25Waphendula uJudas, lowo wayeza kumngcatsha, wathi: “Ngaba iya kuba
ndim na, Mfundisi?” UYesu wathi: “Nawe utsho.”

Ukusungulwa komthendeleko

(Marko 14:22-26; Luka 22:15-20; 1 Kor 11:23-25)

26Xa babesitya uYesu wathatha isonka, wabulela, wasiqhekeza, wabanika
abafundi bakhe, wathi: “Thathani nitye; ngumzimba wam lo.”

27Wathatha nendebe, wabulela, wabanika, wathi: “Selani kuyo nonke;

© 1996 Bible Society of South Africa.

28kuba ligazi lam eli elisisiqinisekiso somnqophiso, eliphalazelwa abaninzi,
ukuze baxolelwe izono.

29Ndithi kuni, andiyi kuphinda ndisele kwincindi yeediliya, kude kube yiloo
mini ndiyisela kunye nani iyentsha kwikomkhulu likaBawo. ”

30Bakuba becule indumiso, baphuma baya eNtabeni yemiNquma.

UYesu ulumkisa uPetros
(Marko 14:27-31; Luka 22:31-34; Yoh 13:36-38)

31Ngelo xesha uYesu wathi kubo: “Ngobu busuku nonke niya kukhubeka
ngenxa yam, kuba iziBhalo zithi: ‘Ndiya kubulala umalusi, zichithakale
iigusha.’

32Xa ke ndithe ndavuswa ekufeni, ndiya kunandulela, ndiye kwelaseGalili.”

33Waphendula uPetros, wathi kuye: “Nokuba baya kukhubeka bonke, mna
andingekhe!”

34UYesu ke wathi kuye: “Ndithi kuwe, inene, kwangobu busuku, ingekakhali
inkuku, uya kundikhanyela kathathu.”

35UPetros wathi kuye: “Nokuba ndingade ndibe ndiza kufa kunye nawe,
andingekhe ndikukhanyele!” Batsho bonke ke abafundi.

UYesu uthandaza eGetsemane
(Marko 14:32-42; Luka 22:39-46)

36Ke uYesu nabafundi bakhe bafika kwisitiya ekuthiwa yiGetsemane, wathi
kubo: “Hlalani apha, ndikhe ndiye kuthandaza phaya.”

37Wahamba noPetros noonyana ababini bakaZebhedi, waza waba buhlungu,
wadandatheka,

38wathi kubo: “Intliziyo yam ibuhlungu ukufa, iligazi. Hlalani apha nilinde
kunye nam.”

39Esukile kubo wathi qelele, wawa emhlabeni, wathandaza esithi: “Bawo,
ukuba kunokwenzeka, yidlulise kum le ntlungu. Noko ke, makungabi
kokuthandwa ndim, makube kukuthanda kwakho.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

40Wafika ke, wabafumana abo bafundi belele, wathi kuPetros:
“Ubungenakulinda na nokweli thutyana?

41Lindani nithandaze, ukuze ningangeni ekuhendweni. Intliziyo yona
okunene inentumekelelo, ke wona umzimba ubuthathaka.”

42Wabuya wemka, waya kuthandaza, esithi: “Bawo, ukuba le ntlungu ayinako
ukudlula kum ndingathanga ndayiva, makwenzeke ukuthanda kwakho.”

43Kwathi, akubuya kwakhona, wabafumana abo bafundi belele, kuba
babesoyiswa bubuthongo.

44Wabashiya kwakhona uYesu, waya kuthandaza okwesithathu kwangaloo
mazwi.

45Wabuya waya kwabo bafundi, wathi kubo: “Nisalele? Nisaphumle na?
Niyabona, lifikile ixesha! UNyana woLuntu unikelwa ezandleni zaboni.

46Vukani sihambe. Nanko; ufikile lowo undinikelayo.”

Ukubanjwa kukaYesu
(Marko 14:43-50; Luka 22:47-53; Yoh 18:3-12)

47Kwathi, uYesu esathetha, wathi gqi uJudas ongomnye wabafundi
abalishumi elinambini, ehamba nendimbane inamakrele neentonga, iphuma
kubabingeleli abaziintloko nakumadoda amakhulu.

48Ke kaloku umngcatshi lowo wayevumelene nabo ngomqondiso, esithi:
“Lowo ndithe ndamanga, nguye. Mbambeni.”

49UJudas ke waya kuYesu kwangoko, wathi: “Aa, Mfundisi!” Wamanga.

50Waza uYesu wathi kuye: “Mfondini, uzokwenza ntoni apha?” Basondela ke,
bambamba uYesu.

51Wasuka omnye wâbo babenoYesu warhola ikrele, waxabela isicaka
sombingeleli omkhulu, wasinqumla indlebe.

52Waza uYesu wathi kuye: “Libuyisele endaweni yalo ikrele lakho. Bonke
abasebenzisa ikrele, baya kutshabalala ngekrele.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

53Ngaba ùba andinako ukumcela uBawo, aze kwangoku andikhuphele
amawaka-waka ezithunywa zezulu eziyimikhosi engaphezu kweshumi
elinambini?

54Bezinokuthini ke ngoko iziBhalo ukungazaliseki, zona zithi kumele ukuba
kube nje?”

55UYesu ke ngelo xesha wathi kwindimbane: “Niphumele ukuza kubamba
mna na, ninamakrele neentonga nje, ngokungathi niphumele isihange?
Bendinani ndifundisa imihla ngemihla endlwini kaThixo, naza anandibamba.

56Kodwa kunje ukuze kuzaliseke okwabhalwayo ngabashumayeli
bamandulo.” Emva koko ke babaleka bonke abafundi bakhe, bamshiya.

UYesu phambi kweBhunga

(Marko 14:53-65; Luka 22:54-55,63-71; Yoh 18:13-14,19-24)

57Abo babembambile uYesu, bamsa kuKayafa, umbingeleli omkhulu, apho
babehlanganisene khona abachazi-mthetho namadoda amakhulu.

58Ke yena uPetros wamlandela uYesu, ebekele kude, wada waya kungena
eyadini yomzi wombingeleli omkhulu, wahlala phantsi ndawonye nezicaka,
ukuze abone ukuba kuya kuphelela phi na.

59Ke ababingeleli abaziintloko nalo lonke iBhunga babefuna ubungqina
bobuxoki ngoYesu, ukuze bambulalise,

60kodwa ababufumananga, nangona babebaninzi ababengqina ubuxoki
ngaye. Ekugqibeleni kwavela ababini,

61bathi: “Lo mntu uthe: ‘Mna ndingayichitha indlu kaThixo, ndibuye
ndiyakhe ngeentsuku ezintathu.’ ”

62Waphakama ke umbingeleli omkhulu, wathi kuYesu: “Akuphenduli nento le
na? Yintoni kanye le aba bayingqinayo ngawe?”

63Kodwa uYesu wahlala wathi tu. Waphinda umbingeleli omkhulu wathi
kuye: “Ndikufungisa uThixo ophilayo okokuba usixelele ukuba unguye na
uKrestu, uNyana kaThixo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

64Wamphendula uYesu wathi: “Nawe utsho. Ke ndithi kuni, ukususela ngoku
niya kumbona uNyana woLuntu ehleli ewongeni kwaSomandla, nimbone
esiza ngamafu ezulu. ”

65Wazikrazula ke izambatho zakhe umbingeleli omkhulu, esithi: “Únyelise
uThixo! Sisawafunelani na amangqina? Niyabona, nikuvile ngoku ukunyelisa
kwakhe.

66Nithini nina?” Baphendula bathi: “Úfanele ukufa.”

67Bamtshicela ebusweni ke, bemxhimfa, baza abanye bembetha,

68bathi: “Sixelele, Krestu; ngubani lo ukubethileyo?”

UPetros ukhanyela uYesu

(Marko 14:66-72; Luka 22:56-62; Yoh 18:15-18, 25-27)

69UPetros ke wayehleli ngaphandle eyadini. Seza kuye esinye sezicakazana,
sathi: “Nawe ubunaye uYesu waseGalili.”

70Kodwa yena wakhanyela phambi kwabo bonke, esithi: “Andazani konke
nale nto uyithethayo.”

71Waphuma ke, esiya ngasesangweni, wabonwa sesinye isicakazana, esathi
kwababelapho: “Naye lo wayenaye uYesu waseNazarete.”

72Waphinda ke wakhanyela uPetros, wathi: “Inene, andimazi loo mntu.”

73Kwakuba mzuzwana, abo babemi apho baya kuPetros, bathi: “Inene,
ungomnye wabo. Nokuthetha oku kwakho kuyakudiza.”

74Wasuka waziqalekisa efunga esithi: “Andimazi loo mntu!” Kwathi ke
kwangoko yakhala inkuku.

75Walikhumbula ke uPetros ilizwi awayelithethe kuye uYesu, esithi:
“Ingekakhali inkuku, woba undikhanyele kathathu.” Waphuma waya
phandle, walila kabuhlungu.

UMatewu 27

UYesu usiwa kuPilato

(Marko 15:1; Luka 23:1-2; Yoh 18:28-32)

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Kwakusa, bonke ababingeleli abaziintloko namadoda amakhulu babhunga
ngoYesu ngenjongo yokuba abulawe.

2Bambopha ke uYesu, bemka naye, bamnikela kwirhuluneli uPilato.

Ukuzibulala kukaJudas
(Mseb 1:18-19)

3UJudas, lowo wangcatsha uYesu, akubona ukuba uYesu ugwetyiwe, usuke
wazohlwaya, wawabuyisela kubabingeleli abaziintloko namadoda amakhulu
loo maqhosha amashumi mathathu emali yesiliva,

4esithi: “Ndonile ngokungcatsha igazi elingenatyala.” Kodwa bona bathi kuye:
“Iyintoni ke loo nto kuthi? Zibonele ngokwakho.”

5Wayiphosa phantsi endlwini kaThixo apho loo mali, wemka, waya
kuzixhoma.

6Ababingeleli abaziintloko bayichola-chola loo mali, bathi: “Akuvumelekanga
ukuba siyifake kweyeminikelo, kuba le mali yethenge igazi lomntu.”

7Babhunga ke, baza ngaloo mali bathenga umhlaba owawungowombumbi-
zitya, ukuze ube yindawo yokungcwabela abasemzini.

8Kungoko nanamhla oku lo mhlaba ubizwa ngokuba nguMhlaba weGazi.

9Kwazaliseka ke okwathethwayo ngumshumayeli uJeremiya, esithi:
“Bâwathatha loo maqhosha amashumi mathathu emali yesiliva, wona
alixabiso lomntu (kuba lilo elo ixabiso lemali awamiselwa lona umntu
ngoonyana bakaSirayeli),

10baza bathenga umhlaba wombumbi-zitya ngawo, njengoko yandiyalelayo
iNkosi.”

UPilato uncina uYesu
(Marko 15:2-5; Luka 23:3-5; Yoh 18:33-38)

11Wema ke uYesu phambi kwerhuluneli, yambuza isithi: “Unguye na
ukumkani wamaJuda?” UYesu wathi: “Nawe utsho.”

12Baza bammangalela ababingeleli abaziintloko namadoda amakhulu, kodwa
yena akaphendula nento le.

© 1996 Bible Society of South Africa.

13Waza wathi kuye uPilato: “Akuziva na ezi zinto zininzi bakumangalela ngazo?”

14Kodwa uYesu akaphendulanga konke, kangangokuba yada yamangaliseka mpela irhuluneli.

UYesu ugwetyelwa ukufa
(Marko 15:6-15; Luka 23:13-25; Yoh 18:39 – 19:16)

15Ke kaloku ngePasika irhuluneli yayidla ngokusikhululela isihlwele umbanjwa abe mnye – lowo ke sasisithi simcele.

16Babenombanjwa owayesaziwa kakhulu, ekuthiwa nguBharabha.

17Sakuba ke isihlwele sihlanganisene, uPilato wathi kuso: “Nifuna ndinikhululele bani na: uBharabha okanye uYesu ekuthiwa nguKrestu?”

18Watsho kuba esazi ukuba bamnikele ngomona uYesu.

19Kwathi, uPilato ehleli esihlalweni sokugweba, inkosikazi yakhe yathumela kuye, isithi: “Uze ungamenzi nto loo mntu ulilungisa. Andonwabanga mpela namhlanje ngenxa yephupha endiliphuphe ngaye.”

20Ke bona ababingeleli abaziintloko namadoda amakhulu basifunza isihlwele ukuba sicele uBharabha, yena uYesu atshatyalaliswe.

21Yabuza irhuluneli yathi kuso: “Nguwuphi na kwaba babini enifuna ndinikhululele yena?” Sathi sona: “UBharabha.”

22UPilato wathi kuso: “Ndimenze ntoni na ke uYesu ekuthiwa nguKrestu?” Isihlwele sonke sathi: “Makabethelelwe emnqamlezweni!”

23Kodwa yena wathi: “Ngenxa yokuba enze bubi buni na?” Kodwa kwaba kokukhona isihlwele sidanduluka ngakumbi sisithi: “Makabethelelwe emnqamlezweni!”

24UPilato, akubona ukuba akuncedi nto, kungathi kungasuka kubekho isiphithi-phithi, uthathe amanzi, wahlamba izandla zakhe phambi kwesihlwele, esithi: “Ndimsulwa egazini lalo mntu. Ziboneleni ngokwenu.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

25Baphendula ke bonke abo bantu babelapho, bathi: “Igazi lakhe malibe phezu kwethu naphezu kwabantwana bethu.”

26Wabakhululela uBharabha ke, waza yena uYesu wanikelwa ukuba akatswe, abethelelwe emnqamlezweni.

Amajoni ahlekisa ngoYesu
(Marko 15:16-20; Yoh 19:2-3)

27Amajoni ke amsa uYesu eyadini yomzi werhuluneli, aza alibizela apho ibutho lawo liphela.

28Amhluba izambatho uYesu, amambathisa ezibomvu,

29athi, eluke isithsaba sameva, amthi jize ngaso entloko, amphathisa ingcongolo ngesandla sokunene, aza aqubuda phambi kwakhe, ahlekisa ngaye, esithi: “Aa, kumkani wamaJuda!”

30Amtshicela, ayithatha ingcongolo, ambetha entloko.

31Athi ke akuba ehlekise ngaye, amhluba loo ngubo, amambathisa kwaezakhe, aphuma naye, esiya kumbethelela emnqamlezweni.

UYesu ubethelelwa emnqamlezweni
(Marko 15:21-32; Luka 23:26-43; Yoh 19:17-27)

32Ekuphumeni kwamajoni noYesu, afumana umntu waseKirene, ogama linguSimon, aza amnyanzela ukuba athwale umnqamlezo kaYesu.

33Afika ke kwindawo ekuthiwa yiGolgota (oko kukuthi iNdawo yoKhakhayi),

34amnika iwayini exutywe nenyongo, ukuba ayisele. Akuyiva akavumanga ukuyisela.

35Ambethelela ke emnqamlezweni uYesu, aza abelana ngezambatho zakhe, esenza amaqashiso ngazo.

36Ahlala phantsi ke, amgada apho.

37Ngasentla kwentloko yakhe abeka ityala lakhe, kubhalwe kwathiwa: “Lo nguYesu uKumkani wamaJuda.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

38Kunye naye kwabethelelwa nezihange ezibini eminqamlezweni, esinye
ngasekunene esinye ngasekhohlo.

39Abadlulayo babemnyelisa uYesu, behlunguzela iintloko,

40besithi: “Wena ochitha indlu kaThixo, uyakhe ngeentsuku ezintathu,
zisindise, ukuba unguye uNyana kaThixo. Yihla emnqamlezweni.”

41Ngokukwanjalo nababingeleli abaziintloko bahlekisa ngaye, bekunye
nabachazi-mthetho namadoda amakhulu, besithi:

42“Abanye wabasindisa, kodwa yena ngokwakhe akanako ukuzisindisa.
Ukuba únguKumkani wakwaSirayeli makehle kaloku emnqamlezweni; sothi
ke sikholwe kuye.

43Wayekholosa ngoThixo, esithi unguNyana wakhe; uThixo makamsindise ke
ngoku ukuba uyamthanda.”

44Nezihange ezazibethelelwe eminqamlezweni kunye naye zazimngcikiva.

Ukufa kukaYesu

(Marko 15:33-41; Luka 23:44-49; Yoh 19:28-30)

45Kuthe ke, ukususela kwintsimbi yeshumi elinambini emini, kwehla
ubumnyama phezu kwawo wonke umhlaba, kwada kwayintsimbi yesithathu
emva kwemini.

46Malunga nentsimbi yesithathu uYesu wakhala ngezwi elikhulu, esithi: “Eli,
Eli, lama sabhaktani?” (Oko kukuthi: “Thixo wam, Thixo wam, undishiyeleni
na?”)

47Ithe ke inxenye yababekho, yakukuva oko, yathi: “Lo ubiza uEliya.”

48Wabaleka kwangoko omnye, wathatha imfunxa, wayithi nkxu kwiwayini
emuncu, wayincula ngoluthi, waza wambambela ukuba ayifunxe.

49Kodwa abanye bathi: “Khawuyeke, sibone ukuba uEliya uza kumsindisa
na.”

50UYesu ke wakhala kwakhona ngezwi elikhulu, wawunikela umphefumlo
wakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

51Lasuka ke lakrazuka kubini ikhuselo legumbi elingcwele endlwini
kaThixo ukususela phezulu kuye ezantsi; umhlaba wanyikima, namawa
acandeka,

52namangcwaba avuleka, bathi nabantu abaninzi bakaThixo ababefile
bavuka,

53baza baphuma emangcwabeni emva kokuvuka kukaYesu ekufeni, bangena
kuso isiXeko esiNgcwele, babonakala kubantu abaninzi.

54Umphathi-butho wamajoni, namajoni awayegade uYesu kunye naye, bathi
bakubona ukunyikima komhlaba nokunye okwenzekayo, boyika kakhulu,
besithi: “Inene, lo mntu ebenguNyana kaThixo.”

55Kwakukho nabafazi abaninzi, bekhangele bemgama. Bona babengabalandeli
bakaYesu ukususela eGalili, bemlungiselela.

56Kubo kwakukho uMariya waseMagadala, noMariya unina kaYakobi noYose,
ekho kwanonina woonyana bakaZebhedi.

Ukungcwatywa kukaYesu
(Marko 15:42-47; Luka 23:50-56; Yoh 19:38-42)

57Kuthe ke lakutshona ilanga, kwafika umntu waseArimati owayesisityebi,
ogama linguJosefu. Wayengumfundi kaYesu naye.

58Yena waya kuPilato, wawucela umzimba kaYesu; waza uPilato wayalela
ngokuthi makawunikwe.

59Wawuthatha ke uJosefu umzimba kaYesu, wawusongela ngelinen
ecocekileyo,

60wawubeka kwelakhe ingcwaba awayesand' ukulixhola eliweni; waza
waqengqa ilitye elikhulu, walivala ngalo ingcwaba, wemka.

61Babelapho ngasengcwabeni ooMariya waseMagadala nomnye uMariya,
behleli phantsi bebukele.

Ukunqatyiswa kwengcwaba likaYesu

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

62Ngengomso, ngemini elandela eyokulungiselela iPasika, ababingeleli
abaziintloko nabaFarasi badibana noPilato,

63bathi: “Nkosi, sikhumbule okokuba esahleli umlahlekisi lowa wathi: ‘Emva
kweentsuku ezintathu ndiya kuvuka ekufeni.’

64Ke ngoko yalela okokuba ingcwaba linqatyiswe de kube lusuku lwesithathu,
hleze abafundi bakhe beze bambe, ze bathi ebantwini uvukile ekufeni, luze
olu lahlekiso lokugqibela lube ngaphezulu kunolokuqala.”

65Waza uPilato wathi kubo: “Ningáwafumana amajoni okugada. Yiyani,
nilitywine ingcwaba kangangoko nazi ngako.”

66Baya ke, balinqabisa ingcwaba ngokulitywina, laza lalindwa
ngoomantshingilane.

UMatewu 28

Ukuvuka kukaYesu

(Marko 16:1-10; Luka 24:1-12; Yoh 20:1-10)

1Wakuba udlule uMhla woPhumlo, ekuseni ngeCawe, kwafika uMariya
waseMagadala nomnye uMariya, beze kukhangela ingcwaba.

2Kwasuka kwabakho ukunyikima okukhulu komhlaba, kuba isithunywa
seNkosi sehla ezulwini, saza saliqengqa ilitye, sahlala phezu kwalo.

3Imbonakalo yaso yayinjengombane, izambatho zaso zimhlophe
ngokwekhephu.

4Bathi ke ababegadile basoyika kangangokuba babe njengabafileyo.

5Isithunywa sathi kubafazi abo: “Sanukoyika nina. Ndiyazi ukuba nifuna
uYesu obebethelelwe emnqamlezweni.

6Akakho apha. Uvukile, njengoko watshoyo. Yizani apha, niyibone indawo
awayekuyo.

7Khawulezani ke, niye kubaxelela abafundi bakhe okokuba uvukile
kwelabafileyo. Niyabona, uyanandulela ukuya eGalili, apho niya kumbona
khona. Nivile ke, ndinixelele.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Bemka ke engcwabeni ngokukhawuleza, babaleka bephethwe luloyiko naluvuyo olukhulu, besiya kuxelela abafundi bakhe.

9Nanko uYesu ebahlangabeza, ebabulisa. Baza baya kuye, baqubuda, babambelela ezinyaweni zakhe.

10Waza wathi kubo uYesu: “Sanukoyika. Yiyani kuxelela amawethu ukuba makaye eGalili, apho aya kundibona khona.”

Ubuxoki obâsasazwa phakathi kwamaJuda

11Bakuba bemkile abo bafazi, gqi amajoni athile kulawo awayegade ingcwaba, angena esixekweni, axelela ababingeleli abaziintloko konke okwenzekileyo.

12Ababingeleli abaziintloko bacebisana namadoda amakhulu, baza bathatha imali eninzi, bayinika amajoni lawo,

13bathi: “Ze nithi abafundi bakhe beze ebusuku, bamba nilele.

14Ukuba le nto ithe yavakala kwirhuluneli, thina soyithomalalisa, ningabi naxhala nina.”

15Amajoni ayithatha loo mali, enza njengoko ayexelelwe. Eli bali ke lasasazwa kumaJuda kwada kwaba namhlanje.

Umyalezo wokugqibela kaYesu

(Marko 16:14-18; Luka 24:36-49; Yoh 20:19-23; Mseb 1:6-8)

16Bahamba ke abafundi abalishumi elinanye, baya eGalili kuloo ntaba uYesu wayebayalele ngayo.

17Bathi bakumbona, baqubuda kuye, kodwa abanye babethandabuza.

18Wasondela uYesu, wathi kubo: “Anikwe mna onke amagunya ezulwini nasemhlabeni.

19Ke ngoko hambani niye kuzenza abafundi zonke iintlanga, nibabhaptize egameni loYise, neloNyana, neloMoya oyiNgcwele;

20nibafundisa ukuba bazenze zonke izinto endiniyalele ngazo. Niyabona, mna ndinani yonke imihla, kude kube sekuphelisweni kwephakade eli.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

UMarko

UMarko 1

UYohane umbhaptizi
(Mat 3:1-12; Luka 3:1-18; Yoh 1:19-28)

1Naku ukusungulwa kweendaba ezimnandi ezingoYesu Krestu, uNyana
kaThixo.

2Kunjengoko umshumayeli uIsaya walithethayo ilizwi likaThixo esithi: “Naso
isigidimi sam esiya kukwandulela sikugabulele izigcawu.

3Kuvakala ilizwi lodandulukayo entlango, lisithi: ‘Yilungiseleleni indlela
iNkosi, niyihlahlele umgaqo wayo.’ ”

4Entlango ke kwabonakala uYohane ebhaptiza, eshumayela ukuba abantu
mabaguquke babhaptizwe, aze uThixo abaxolele izono zabo.

5Babephuma besiya kuye bonke abakwaJuda nabaseJerusalem, bezixela izono
zabo, aze ababhaptize emlanjeni iJordan.

6UYohane wayesambatha ingubo yoboya benkamela, abhinqe ngethwathwa.
Wayesitya iinkumbi nobusi.

7Wayeshumayela esithi: “Lowo uza emva kwam unamandla kunam.
Bendingubani mna kakade ukuba ndingade ndikhulule imitya yezihlangu
zakhe?

8Mna okunene ndinibhaptiza ngamanzi, kodwa yena uya kunibhaptiza
ngoMoya oyiNgcwele.”

Ukubhaptizwa kukaYesu nokulingwa kwakhe
(Mat 3:13-4:11; Luka 3:21-22; 4:1-13)

9Ngaloo mihla ke weza uYesu, evela eNazarete kwelaseGalili, wabhaptizwa
nguYohane eJordan apho.

10Kuthe kwangoko, akuphuma uYesu emanzini, izulu lavuleka, wabona
uMoya oyiNgcwele esihla phezu kwakhe njengehobe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Kwavakala nelizwi elivela ezulwini, lisithi: “UnguNyana wam endimthandayo wena; ndikholisiwe nguwe.”

12Kwangoko uMoya oyiNgcwele wamqhubela entlango uYesu.

13Waba lapho entlango iintsuku ezimashumi mane, elingwa nguSathana, ephakathi kwezilo zasendle. Izithunywa zezulu ke zazimlungiselela kwiintswelo zakhe.

Ukubizwa kwabafundi bokuqala
(Mat 4:12-22; Luka 4:14-15; 5:1-11)

14Emva kokubanjwa kukaYohane, uYesu waya eGalili, evakalisa iindaba ezimnandi ezivela kuThixo,

15esithi: “Lifikile ngoku ixesha. Luthwasile ulawulo lukaThixo. Guqukani, nikholwe kuzo ezi ndaba zimnandi.”

16Ke kaloku kwathi ehamba ngakuLwandle lwaseGalili, wabona uSimon noAndreya umninawe wakhe bephosa umnatha elwandle. Kaloku bona babengabalobi beentlanzi.

17UYesu wathi kubo: “Yizani apha nindilandele; ndonenza nibe ngabalobi babantu.”

18Bayishiya kwangoko ke iminatha yabo, bamlandela.

19Uthe ke, ehambele phambili kancinane, wabona uYakobi noYohane umninawe wakhe, oonyana bakaZebhedi, besesikhitshaneni sabo, belungisa iminatha yabo.

20Wababiza, baza ke bamshiya uyise uZebhedi esikhitshaneni apho enabaqeshwa, balandela uYesu.

Ukuphiliswa komntu onendimoni
(Luka 4:31-37)

21Bangena ke kwidolophu yaseKapernahum, waza ke uYesu ngoMhla wokuqala wokuPhumla wafundisa endlwini yesikhungo.

22Bamangaliswa abantu kukufundisa kwakhe, kuba wayefundisa ngegunya, engafundisi njengabachazi-mthetho.

© 1996 Bible Society of South Africa.

23Kwakukho umntu onendimoni endlwini yesikhungo apho, owayekhala esithi:

24“Ufuna ntoni kuthi, Yesu waseNazarete? Ngaba uze kusitshabalalisa na? Ndiyakwazi ukuba ungubani na: ungoyiNgcwele kaThixo!”

25UYesu wayikhalimela loo ndimoni, esithi: “Yithi tu, uphume kulo mntu!”

26Ke indimoni leyo yamxhuzula loo mntu, yaphuma kuye ibhomboloza.

27Bamangaliswa bonke abantu, babuzana besithi: “Yaz'ba yintoni na le nto! Ngaba yimfundiso entsha? Ngathi lo mfo ufundisa ngegunya! Ewe, neendimoni ezi uyazikhalimela zimthobele!”

28Lwathi ke udumo lukaYesu lwavakala kulo lonke elaseGalili.

Ukuphiliswa kwabaninzi
(Mat 8:14-17; Luka 4:38-41)

29Baphuma ke endlwini yesikhungo, kwangoko baya kwindlu kaSimon noAndreya, benoYakobi noYohane.

30Ke umkhwekazi kaSimon wayelele, egula yifiva, baza bamxelela uYesu ukuba akaphilanga.

31Waya kuye uYesu, wamphakamisa embambe ngesandla; yaphela kwangoko loo fiva, waza wabalungiselela ukutya.

32Kwathi ke ngokuhlwa, selitshonile ilanga, abantu bazisa kuye bonke abagulayo nabaneendimoni.

33Bonke abantu baloo dolophu babehlanganisene ngasemnyango apho.

34UYesu ke waphilisa abaninzi abagula zizifo ngezifo, ekhupha neendimoni. Iindimoni ezi wayengazivumeli ukuba zithethe, kuba zazimazi.

Ukuthandaza nokushumayela kukaYesu eGalili
(Luka 4:42-44)

35Kwathi kusesekuseni kakhulu, kusemnyama, wavuka uYesu, waya kuthandaza ngasese.

36USimon nâbo babenaye baya kumfuna.

© 1996 Bible Society of South Africa.

37Bakuba bemfumene, bathi kuye: “Uyafunwa ngumntu wonke.”

38Kambe ke yena wathi kubo: “Masihambe siye kwezinye iidolophu zalapha, ukuze nakhona ndizivakalise iindaba ezimnandi. Kaloku ndizele kanye loo nto.”

39Walityhutyha lonke elaseGalili, eshumayela ezindlwini zesikhungo, ekhupha iindimoni.

Ukuphiliswa koneqhenqa
(Mat 8:1-4; Luka 5:12-16)

40Kwasuka mntu uthile uneqhenqa weza kuYesu, wambongoza eguqe phambi kwakhe, wathi: “Unako ukundihlambulula ukuba uyathanda.”

41UYesu wavelana naye, wasolula isandla, wamchukumisa, wathi kuye: “Ndiyathanda; hlambuluka.”

42Kwangoko laphela iqhenqa, wahlambuluka.

43Akuba emyale kabukhali, wamndulula kwangoko,

44esithi kuye: “Lumka ungaxeleli bani nento le. Hamba uye kuzibonisa kumbingeleli, wenze umnikelo ngezo zinto wazimiselayo uMosis, ube bubungqina ngokuhlanjululwa kwakho.”

45Kodwa yena akuphuma, wasuka wayibhengeza kakhulu le nto. Ngenxa yoko uYesu akabanga saba nako ukungena edolophini ebonwa ngabantu, koko wahlala emaphandleni. Abantu ke babesiza kuye, bevela macala onke.

UMarko 2

Ukuphiliswa kofe umzimba
(Mat 9:1-8; Luka 5:17-26)

1Kwakuba ntsuku, uYesu wabuyela eKapernahum; kwavakala ukuba usekhayeni lakhe.

2Ke kwahlanganisana into eninzi yabantu, kwada akwabikho ndawo nangasemnyango. Kwathi ke xa uYesu wayesashumayela,

3kwafika abantu, bezise kuye umntu ofe umzimba, ethwelwe ngabané.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Bakuba bengenakusondela kuYesu ngenxa yokuxinana kwendimbane,
baqhaqhe uphahla ngakuloo ndawo wayekuyo. Begqobhozile ke, bamhlisa
ngokhuko lowo ufe umzimba.

5UYesu akulubona ukholo lwabo, wathi kofe umzimba: “Nyana, izono zakho
zixolelwe.”

6Abachazi-mthetho abathile, ababekhona, bathi ezintliziyweni zabo:

7“Yini na ukuba lo athethe ngolu hlobo? Uyanyelisa! Ngubani onako
ukuxolela izono ingenguye uThixo kuphela?”

8Kwangoko uYesu wazazi iingcamango zabo, wathi kubo: “Yini na ukuba nibe
nezi ngcamango ezintliziyweni zenu?

9Okukona kulula kukuphi na? Kukho ukuthi kofe umzimba: ‘Izono zakho
zixolelwe,’ kukho nokuthi: ‘Vuka, uthathe ukhuko lwakho uhambe’?

10Ke ukuze nazi ukuba uNyana woLuntu unalo igunya lokuxolela izono
emhlabeni apha – úthi kofe umzimba –

11ndithi kuwe: ‘Vuka, uthathe ukhuko lwakho, uhambe ugoduke.’ ”

12Wavuka kwangoko ke, wathatha ukhuko, wemka. Bamangaliswa bonke,
bemdumisa uThixo, besithi: “Asizange siyibone into enje!”

Ukubizwa kukaLevi
(Mat 9:9-13; Luka 5:27-32)

13UYesu wabuya waphuma waya ngaselwandle. Kwaza ke kwahlanganisana
isihlwele ngakuye, wasifundisa.

14Wathi edlula wabona uLevi, unyana ka-Alifeyu, ehleli eofisini yerhafu;
wathi kuye: “Ndilandele.” Waphakama ke, wamlandela.

15Kwathi, xa wayesitya kwaLevi, kwakho nento eninzi yabaqokeleli-rhafu
naboni, isitya ndawonye noYesu nabafundi bakhe, kuba babebaninzi,
bemlandela.

© 1996 Bible Society of South Africa.

16Ke abachazi-mthetho beqela labaFarasi, bakumbona esitya kunye
nabaqokeleli-rhafu naboni, bathi kubafundi bakhe: “Yini na ukuba atye kunye
nabaqokeleli-rhafu naboni?”

17Ekuvile oko uYesu, wathi kubo: “Ugqirha akafuneki nganto kwabaphilileyo,
ufuneka kwabagulayo. Andizanga kubiza malungisa, ndizé kubiza aboni.”

Ukuzila ukutya
(Mat 9:14-17; Luka 5:33-39)

18Abafundi bakaYohane nabaFarasi babezila ukutya. Ke abantu beza kuYesu,
bathi kuye: “Kutheni abafundi bakaYohane nababaFarasi besoloko bezila
ukutya nje, kanti bona abakho abazili?”

19UYesu ke wathi kubo: “Ngaba abakhaphi bomyeni bangakuzila na ukutya lo
gama umyeni asekunye nabo? Nakanye! Ngalo lonke ixesha asephakathi
kwabo umyeni, abangekhe bakuzile!

20Kodwa lofika ixesha lokuba umyeni asuswe kubo, bandule ke ukuzila.

21“Kaloku akukho mntu uthungela isiziba esitsha kwisambatho esidala, kuba
ukuba uthe wenjenjalo, sofinyela, sisikrazule ngakumbi isambatho eso.

22Kananjalo akukho mntu uyitha kwiimvaba ezindala iwayini entsha
engekabili, kuba ukuba uthe wenjenjalo, zogqabhuka ziphele iimvaba,
ichitheke iwayini. Kaloku iwayini engekabili ithiwa kwiimvaba ezintsha.”

Imfundiso kaYesu malunga noMhla woPhumlo
(Mat 12:1-8; Luka 6:1-5)

23Kwathi uYesu ecanda emasimini ngoMhla wokuPhumla, abafundi bakhe
basuka bakha izikhwebu zengqolowa.

24Bathi ke kuye abaFarasi: “Khawutsho, kungani na ukuba abafundi bakho
benze okungavumelekanga ngoMhla woPhumlo?”

25Uthe ke yena kubo: “Anizange nikufunde na awakwenzayo uDavide, mhla
walamba engenanto ityiwayo, yena neqela lakhe?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

26Kaloku wangena endlwini kaThixo ngemihla ka-Abhiyatare umbingeleli omkhulu, wazitya izonka ezazinikelwe kuThixo, wanika neqela lakhe. Kanti ngokomthetho ezi zonka azimelwe kutyiwa ngabangengobabingeleli. ”

27Waza wathi ke kubo: “UMhla woPhumlo lo wabakho ngenxa yomntu, asinguye umntu owabakho ngenxa yawo.

28Ngoko ke uNyana woLuntu uyiNkosi yawo noMhla woPhumlo.”

UMarko 3

Ukuphiliswa kowome isandla
(Mat 12:9-14; Luka 6:6-11)

1Waphinda uYesu wangena endlwini yesikhungo. Apho kwakukho umntu owayome isandla.

2Babemlalele ke befuna ukubona ukuba womphilisa na ngoMhla woPhumlo, ukuze bammangalele.

3UYesu wathi kuloo mntu wayome isandla: “Phakama, uze ngaphambili.”

4Waza wathi kubo: “Okuvumelekileyo ngoMhla woPhumlo kukwenza okulungileyo, kukwenza okubi; kukuphilisa, kukubulala; kusini na?” Kwathi cwaka.

5Akuba ebasingasingile, ebuhlungu ngenxa yokuqaqadeka kweentliziyo zabo, wathi kumntu lowo: “Solule isandla sakho.” Wasolula, saza saphila isandla sakhe.

6Kwangoko ke baphuma abaFarasi, baya kubhunga namaHerode, becebisana ngokubulala uYesu.

Inkitha yabantu ngaselwandle

7Wemka uYesu, enabafundi bakhe, waya elwandle. Yamlandela inkitha yabantu, ivela kwelaseGalili, nakwelakwaJuda,

8naseJerusalem, nase-Edom, naphesheya kweJordan, nakwimimandla yeTire neSidon. Loo nkitha ininzi yeza kuYesu, kuba yayivile ngemimangaliso yakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Wathi kubafundi bakhe mabamlungiselele isikhitshana, hleze axinwe sisihlwele,

10kuba wayephilise abantu abaninzi, baza bonke abanezifo bathi ngunga phezu kwakhe, ukuze bamchukumise.

11Naxa sukuba abantu abaneendimoni bembona, babesiwa phambi kwakhe, bakhale, besithi: “Unguye wena uNyana kaThixo!”

12Wayebakhalimela kakhulu ke ukuba bangamazisi ebantwini.

Ukumiselwa kwabafundi abalishumi elinambini
(Mat 10:1-4; Luka 6:12-16)

13UYesu ke wenyuka intaba, wabiza abo wayefuna bamlandele. Baya kuye ke,

14waza wamisela abalishumi elinambini awababiza ngokuba ngabathunywa, ebamisela ukuba babe kunye naye nokuba abathume baye kushumayela,

15ebanike igunya lokukhupha iindimoni.

16Wamisela aba ke: uSimon, awamthiya igama elinguPetros;

17uYakobi, unyana kaZebhedi, noYohane umninawe wakhe, awathi bona wabathiya amagama okuba ngooBhowanerges, oko kukuthi ngooSatsha;

18uAndreya noFilipu, noBhartolomeyu, noMatewu, noTomas, noYakobi unyana ka-Alifeyu, noTadeyu, noSimon owayengoweqela lamaTsha-ntliziyo,

19noJudas Sikariyoti, owayeza kumngcatsha.

Ukunyelisa kwabachazi-mthetho
(Mat 12:22-32; Luka 11:14-23; 12:10)

20UYesu ke wangena endlwini, kwaza kwakhona kwabuthelana isihlwele. Kwakuxinene kangangokuba yena nabafundi bakhe bangabi nako nokutya oku.

21Bevile ngale nto, abakowabo baphuma besiya kumphuthuma, kuba kwakusithiwa: “Ushiywe ziingqondo.”

22Ke abachazi-mthetho ababevela eJerusalem babesithi unoSathana,besithi iindimoni ezi uzikhupha ngomphathi wazo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

23Ebabizele kuye abantu, uthethe nabo ezekelisa, esithi: “Angáthini na
uSathana ukukhupha uSathana?
24Kaloku isizwe esivukelana sodwa siyachithakala;
25nomzi ovukelana wodwa uyachithakala.
26NoSathana ke, ukuba uvukelana noSathana, uya kuphanza angabikho.
27“Akukho bani unako ukungena endlwini yegorha, aze aphange impahla
yalo, engathanga kuqala alibophe elo gorha, aze ke andule ukuyiphanga
indlu yalo.
28“Inene, baya kuzixolelwa zonke izono oonyana babantu, kwanezinyeliso
abasukuba benyelisa ngazo;
29kodwa yena othe wanyelisa uMoya oyiNgcwele akanako ukuxolelwa
naphakade; unetyala lesono esingatshitshiyo.”
30UYesu watsho kuba babesithi unendimoni.

Ezona zizalwana zikaYesu
(Mat 12:46-50; Luka 8:19-21)

31Kwafika abantakwabo-Yesu kunye nonina, baza bathi, bemi ngaphandle,
bayaleza ukuba makabizwe.
32Wayengqongwe sisihlwele sabantu, kwaza kwakho othi kuye: “Uxolo,
nanku unyoko nabantakwenu ngaphandle, bekufuna.”
33Wabaphendula esithi: “Ngubani umama? Ngoobani bona abantakwethu?”
34Ebasingasingile ke abo babemngqongile, wathi: “Nguye lo umama
nabantakwethu.
35Kaloku lowo uthe wakwenza ukuthanda kukaThixo nguye
ongumntakwethu, nodade wethu, nomama.”

UMarko 4

Umzekeliso ngomhlwayeli
(Mat 13:1-9; Luka 8:4-8)

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Kwakhona uYesu wafundisa ngaselwandle. Saza isihlwele esasihlanganisene
ngakuye saba sikhulu kangangokude yena aye kukhwela esikhitshaneni,
ahlale kuso elwandle. Isihlwele sona sasiselunxwemeni apho.

2Ke wayebafundisa iindawo ezininzi ngemizekeliso, esithi:

3“Kwakukho umhlwayeli owaphuma waya kuhlwayela.

4Ekuhlwayeleni kwakhe inxenye yembewu yawa endleleni, zafika iintaka
zayichola zayigqiba.

5Enye imbewu yawa endaweni elulwalwa, apho kwakungekho mhlaba
waneleyo; yantshula ke kwangoko, ngenxa yokungabi nabunzulu bamhlaba.

6Kuthe ke, lakuba shushu ilanga, yatsha, yathi ngenxa yokuba
ingenazingcambu zendeleyo, yoma kwaphela.

7Enye yawa endaweni enokhula, olwathi lwakukhula, lwayiminxa, ayaba
nasiqhamo.

8Enye yawa kumhlaba olungileyo, yakhula, yachuma, yavelisa isiqhamo: enye
amashumi amathathu, enye amashumi amathandathu, nenye ikhulu.”

9Wathi ke kubo uYesu: “Oneendlebe zokuva makeve.”

Injongo yemizekeliso
(Mat 13:10-17; Luka 8:9-10)

10Ke kaloku kwathi xa uYesu wayenâbo babengakuye, bekunye nabafundi
abalishumi elinambini, bambuza ngale mizekeliso.

11Wathi kubo: “Nikuphiwe nina okokuba niyazi indlela yokulawula
kukaThixo, kodwa abo bangakuphiwanga baziva ngemizekeliso nje zonke ezi
zinto;

12ukuze, njengoko zitshoyo iziBhalo, “ ‘Bebona nje, babone bangaqiqi; besiva
nje, beve bangaqondi; hleze baguquke, baxolelwe.’ ”

Ingcaciso yomzekeliso ngomhlwayeli
(Mat 13:18-23; Luka 8:11-15)

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Wathi ke kubo uYesu: “Aniwulandeli na lo mzekeliso? Niya kuyazi kanjani
kakade imizekeliso?

14Umhlwayeli lo uhlwayela ilizwi.

15Abo ke basendleleni, apho ilizwi likaThixo lihlwayelwa khona, ngâbo bathi,
bakuba bevile, bafikelwe kwangoko nguSathana, emke nalo ilizwi
elihlwayelweyo kubo.

16Ke abo banjengendawo elulwalwa ekuhlwayelwe kuyo ngabathi, bakuba
belivile ilizwi, balamkele kwangoko bevuya;

17kodwa babe bengenazingcambu zendeleyo, beme umzuzwana kuphela;
bathi emva koko, kwakufika imbandezelo okanye intshutshiso ngenxa
yelizwi, boyisakale kwangoko.

18Abo banjengendawo enokhula ekuhlwayelwe kuyo ngabathi balive ilizwi,

19aze ke amaxhala eli phakade, nokulukuhla kobutyebi, nokunqwenela ezinye
izinto, kungene kuliminxe ilizwi, lize lingabi nasiqhamo.

20Abo banjengomhlaba olungileyo ekuhlwayelwe kuwo ngabathi, bakuliva
ilizwi, balamkele, baxakathe isiqhamo: omnye amashumi amathathu, omnye
amashumi amathandathu, nomnye ikhulu.”

Umzekeliso ngesibane
(Luka 8:16-18)

21Kwakhona uYesu wathi kubo: “Ngaba isibane sikhe siqutyudelwe
ngethunga okanye sifakwe phantsi kwebhedi na? Asixhonywa endaweni yaso
yini na?

22Kaloku akukho nto ifihlakeleyo ingayi kude ityhilwe; kananjalo akukho nto
ifihliweyo ingayi kude ivele.

23Ke oneendlebe zokuva makeve.”

24Kwakhona wathi kubo: “Yilumkeleni into eniyivayo. Umlinganiselo
enibalinganisela ngawo abanye, niya kulinganiselwa kwangawo nguThixo
nani, kuze kongezwe kuni, nina nivayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

25Lowo sukuba enolutho uya kunikwa, athi lowo ungenanto ahluthwe kwanaloo nto anayo.”

Umzekeliso ngembewu

26Kwakhona uYesu wathi: “Ukulawula kukaThixo kunokufaniswanokuthi umntu ahlwayele imbewu entsimini,

27aze alale avuke imihla ngemihla, ibe yona imbewu intshula ikhula ngohlobo angalwaziyo.

28Kaloku umhlaba uvelisa iziqhamo ngokwawo: kuqala iba likhaba, ize ibe yindubulo, ize ibe sisikhwebu esivuthiweyo.

29Xa ke ithe yavuthwa ingqolowa, ingenwa ngerhenqe kwangoko, kuba ixesha lokuvuna lifikile.”

Umzekeliso ngokhozo lwembewu yemostade
(Mat 13:31-32,34; Luka 13:18-19)

30Kwakhona uYesu wathi: “Singakufanekisa nantoni na ukulawula kukaThixo? Singakuzekelisa ngamzekeliso mni?

31Kunjengokhozo lwembewu yemostade. Ukhozo lwemostade lulolona luncinane kuzo zonke iintlobo zembewu emhlabeni,

32kodwa xa luthe lwatyalwa, lukhula lube lukhulu kunazo zonke izityalo, lube namasebe amakhulu kangangokuba iintaka zibe nokwakhela iindlwane zazo kuwo zisemthunzini.”

33UYesu wayelithetha kubo ilizwi ngemizekeliso emininzi elolu hlobo, ebafundisa kangangoko babenako ukuqonda.

34Ebethetha nabo ngemizekeliso kuphela, kodwa akuba yedwa nabafundi bakhe wayebacacisela yonke into.

UYesu uzolisa isaqhwithi
(Mat 8:23-27; Luka 8:22-25)

35Kwangaloo mini ngokuhlwa uYesu wathi kubafundi bakhe: “Masiwele siye ngaphesheya koLwandle lwaseGalili.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

36Basishiya ke isihlwele, bemka noYesu esesikhitshaneni apho, kukho nezinye izikhitshana.

37Ke kwabakho isaqhwithi esikhulu, amaza aphoseka esikhitshaneni, saza isikhitshana saphantse sazala ngamanzi.

38UYesu wayephakathi esikhitshaneni, ethathe umqamelo walala ubuthongo. Bamvusa ke, bathi kuye: “Mfundisi, akukhathali na, sitshabalala nje?”

39Wavuka ke, wawukhalimela umoya, wathi kulo ulwandle: “Yithi cwaka, uzole.” Wadamba umoya, kwabakho ukuzola okukhulu.

40UYesu ke wathi kubo: “Yini na ukuba noyike kangaka? Kutheni ukuba ningakholwa?”

41Babesoyika kakhulu, omnye esithi komnye: “He bethu, ngumntu onjani na lo ude alulanyelwe ngumoya nalulwandle!”

UMarko 5

Ukuphiliswa komntu waseGerasa oneendimoni

(Mat 8:28-34; Luka 8:26-39)

1Bafika phesheya koLwandle lwaseGalili, kummandla welaseGerasa.

2Akuba uYesu ephumile esikhitshaneni, wahlangatyezwa ngumntu onendimoni, esuka emangcwabeni,

3apho wayehlala khona. Ke kwakungekho bani unako ukumbopha nangamatyathanga.

4Wayemana ebotshwa ngamakhamandela nangamatyathanga, kodwa awaqhawule amatyathanga, awakroboze namakhamandela. Kwakungekho bani unako ukumthoboza.

5Wayesithi ubusuku nemini ahlale ezintabeni nasemangcwabeni, ekhala, ezixuzula ngamatye.

6Uthe ke, akubona uYesu esekude, wabaleka, waya kuguqa phambi kwakhe,

7wakhala kakhulu, wathi: “Ufuna ntoni na kum, Yesu, Nyana kaThixo uPhezukonke? Funga uThixo ukuba akuyi kundithuthumbisa.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Wayesitsho kuba uYesu wayethe kuye: “Phuma kuloo mntu, ndimonindini.”

9UYesu ke wambuza esithi: “Ungubani wena igama lakho?” Waphendula esithi: “NdinguMkhosi, kuba sibaninzi.”

10Watsho ebongoza uYesu ukuba iindimoni ezo angazigxothi zimke kwelo zwe.

11Kwakukho umhlambi omkhulu weehagu usidla apho ngasentabeni;

12zaza iindimoni ezo zambongoza uYesu, zisithi: “Sithumele ezihagwini, singene kuzo.”

13Wazivumela ke; zaza zaphuma iindimoni, zaya kungena ezihagwini. Ke umhlambi lowo, owawumalunga namawaka amabini eehagu, waphaphatheka, wehla ethambekeni, waya kweyela elwandle, warhaxwa.

14Bathe ke abo babezalusa ezi hagu babaleka, bakuxela edolophini nasemaphandleni okwenzekileyo. Baphuma ke abantu baya kubona oko kwenzekileyo.

15Bafika kuYesu, bambona lowo ubephethwe ngumkhosi weendimoni ehleli phantsi, enxibile, esezingqondweni; baza boyika.

16Abo babeyibonile loo nto babaxelela okwenzekileyo kobephethwe ziindimoni, nokwenzekileyo ezihagwini.

17Baza ke bambongoza uYesu ukuba emke kuloo mmandla wabo.

18Xa wayengene esikhitshaneni uYesu, lowo ubephethwe ziindimoni wambongoza ukuba ahambe naye.

19Kodwa akamvumelanga; koko wathi kuye: “Goduka, ubaxelele abakowenu oko ikwenzeleyo iNkosi: inceba engaka!”

20Wemka ke, wakuxela kummandla weeDolophu eziliShumi oko uYesu wayemenzele kona. Bamangaliswa bonke abantu.

Intombi kaJayiro nomfazi owaphiliswa kukuchukumisa uYesu
(Mat 9:18-26; Luka 8:40-56)

© 1996 Bible Society of South Africa.

21Akuba uYesu ebuye wawela uLwandle lwaseGalili ngesikhitshana,
kwahlanganisana ngaselwandle apho isihlwele esikhulu.

22Kwathi ke kwafika igosa lendlu yesikhungo, eligama linguJayiro, elathi
lakumbona, lakhahlela,

23laza lambongoza, lisithi: “Intombi yam isindekile. Khawuze ubeke izandla
zakho phezu kwayo, ukuze ichache, iphile.”

24UYesu ke wahamba nalo, ephahlwe yindimbane enkulu eyayimxinile.

25Kwakukho nomfazi owayehlamba engaphezi iminyaka elishumi elinambini
esifa,

26ephatheke kabuhlungu kumagqirha amaninzi. Wayedleke konke
awayenako, engancedakali, kodwa eya egula ngakumbi.

27Evile ke ngoYesu, wasondela kuye ngasemva esesihlweleni apho,
wayichukumisa ingubo yakhe;

28kuba wayesithi: “Ukuba ndithe ndachukumisa nokuba yingubo yakhe le,
ndophila.”

29Lanqamka kwangoko igazi, waziva emzimbeni wakhe ukuba uphilile kweso
sifo.

30Ngoko nangoko uYesu waqonda ukuba kukho amandla aphumileyo kuye,
wabheka ngasemva esendimbaneni apho, wathi: “Ngubani lo uchukumise
ingubo yam?”

31Abafundi bakhe bathi kuye: “Ubona nje ukuba isihlwele sikuxinile,
ungáthini ke ukuthi: ‘Ngubani lo undichukumisileyo?’ ”

32Noko yena wasinga-singa ukuba ambone lowo uyenzileyo le nto.

33Uthe ke umfazi lowo, ekuqondile okwenzeke kuye, weza esoyika,
engcangcazela, wazikhahlela phambi kwakhe, wamxelela inyaniso yonke.

34UYesu wathi kuye: “Ntombi yam, ukholo lwakho lukuphilisile. Hamba
ngoxolo, uphile kweso sifo sakho.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

35Kwathi uYesu esathetha, kwafika abakulogosa lendlu yesikhungo, besithi:
“Intombi yakho ibhubhile; usamkhathazelani na uMfundisi?”

36UYesu yena, eyivile loo nto, wathi kwigosa lendlu yesikhungo: “Musa
ukoyika; kuphela kholwa wena.”

37Ke akavumela mntu ukuba ahambe naye, ngaphandle koPetros noYakobi
noYohane, umninawe kaYakobi.

38Bafika ke emzini wegosa lendlu yesikhungo, waza uYesu wasibona isiphithi-
phithi sabalilayo nabenza isijwili esikhulu.

39Akungena, wathi kubo: “Yini na ukuba nenjenje ukuphithizela nokulila?
Akafanga umntwana; ulele.”

40Basuka bamwa ngentsini. Wabakhuphela phandle ke bonke, wathatha uyise
womntwana nonina, nâbo bafundi babenaye, wangena apho wayekhona
umntwana.

41UYesu ke wambamba ngesandla umntwana, wathi kuye: “Talita, kum;” oko
kukuthi: “Ntombazana, vuka!”

42Yavuka kwangoko intombazana leyo, yahamba-hamba. (Yayineminyaka
elishumi elinambini izelwe.) Bamangaliswa abantu, bakhwankqiswa.

43UYesu wabayala kakhulu ukuba bangaxeleli mntu, waza wathi mayinikwe
into etyiwayo intombazana leyo.

UMarko 6

Ukudelwa kukaYesu eNazarete
(Mat 13:53-58; Luka 4:16-30)

1Wemka apho uYesu, wabuyela kowabo, elandelwa ngabafundi bakhe.

2Uthe ke, kwakuba nguMhla woPhumlo, wafundisa endlwini yesikhungo.
Kwakukho abantu abaninzi apho, abathe, bakuva, bamangaliswa, besithi: “Lo
uyithathe phi na yonke le nto? Bulumko buni na obu abunikiweyo ukuze
enze imimangaliso elolu hlobo?

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Lo akanguye na umchweli, unyana kaMariya, umntakwabo-Yakobi noYose
noJuda noSimon? Noodade wabo abakho na apha phakathi kwethu?” Ngenxa
yale nto ke bambukula.

4Ke uYesu wathi kubo: “Kakade umshumayeli uyayinikwa imbeko; kukowabo
kuphela, kwizizalwana zakhe, ekhayeni lakhe, apho angayifumaniyo khona.”

5Wayengenako ke ukwenza namnye ummangaliso apho, ngaphandle kokuba
abeke izandla kwimilwelwe embalwa, ayiphilise.

6Wayemangaliswa kukungakholwa kwabo.

Ukuthunywa kwabafundi abalishumi elinambini
(Mat 10:5-15; Luka 9:1-6)

Wayejikeleza uYesu ezityhutyha iidolophana efundisa.

7Wababizela kuye abafundi abalishumi elinambini, waza wabathuma
ngababini, ebanike igunya lokoyisa iindimoni.

8Wabayalela ukuba bangaphathi nto ngaphandle komsimelelo. Wayesithi
mabangaphathi nangxowa, nasonka, namali embhinqweni;

9bathi noko banxibe izihlangu, kodwa bangaphathi zambatho zingazibini.

10Ngaphezu koko wathi kubo: “Kuloo ndlu nithe naya kungena kuyo, hlalani
kuyo nide nimke kuloo dolophu.

11Ukuba nithe nafika endaweni apho sukuba ningàmkelwa khona, okanye
ningàphulaphulwa nokuphulaphulwa oku, mkani apho, nivuthulule uthuli
olusezinyaweni zenu, ukuze oko kube bubungqina bokuba abanamkelanga.”

12Baphuma ke, bashumayela besithi abantu mabaguquke.

13Bakhupha iindimoni ezininzi, bayithambisa ngeoyile imilwelwe emininzi,
bayiphilisa.

Ukubulawa kukaYohane umbhaptizi
(Mat 14:1-12; Luka 9:7-9)

© 1996 Bible Society of South Africa.

14Wakuva ke oko ukumkani uHerode, kuba igama likaYesu lalithe laduma,
kusithiwa: “UnguYohane umbhaptizi ovusiweyo kwabafileyo; kungoko
ayenzayo le mimangaliso.”

15Abanye babesithi: “ÚnguEliya;” abanye besithi: “ Úngumshumayeli ofana
nabashumayeli bamandulo.”

16Ekuvile ke oko uHerode, wathi: “Lo nguYohane, lowa ndamnqumla intloko.
Naku evukile ngoku!”

17Kuba uHerode ngokwakhe wayethumele ukuba abanjwe uYohane, afakwe
entolongweni. UHerode wakwenza oku ngenxa kaHerodiya awayethe
wamzeka nangona angumka-Filipu, umninawe wakhe.

18Kaloku uYohane wayethe kuHerode: “Akuvumelekanga ukuba umthathe
umfazi womntakwenu.”

19UHerodiya ke wamxhiba, wazungula ukumbulala. Kodwa wayengenako,

20kuba uHerode wayemoyika uYohane, emazi ukuba uyindoda elungileyo,
engcwele, waza wambeka elugcinweni. UHerode wayethanda
ukumphulaphula uYohane, nangona wayedideka kakhulu akumva.

21Lada ke lafika ithuba elihle kuHerodiya. Yayisisikhumbuzo sokuzalwa
kukaHerode, waza wazenzela itheko izikhulu zakhe, neenjengele zakhe,
namanene elaseGalili.

22Yangena ke intombi kaHerodiya, yangqungqa yamkholisa uHerode nabo
babesethekweni kunye naye. Waza ukumkani wathi kwintombi leyo: “Cela
nantoni na oyifunayo; ndokupha.”

23Wafunga esithi: “Into othe wayicela kum ndokupha, nokuba sisiqingatha
sobukumkani bam.”

24Yaphuma ke intombi, yaya kunina, yathi: “Ndicelè ntoni, mama?” Wathi
yena: “Cela intloko kaYohane umbhaptizi.”

25Kwangoko intombi leyo yaya kungena ngokungxama kukumkani, yacela
isithi: “Ndifuna undinike intloko kaYohane umbhaptizi ngesitya ngoku.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

26Waba buhlungu kakhulu ukumkani, kodwa akabanga nakulandula, kuba
wayefunge phambi kwabo bonke ababesethekweni.

27Kwangoko ke ukumkani wathuma umxhomi, emyalela ukuba azise intloko
kaYohane. Waya ke, wamnqumla intloko entolongweni apho,

28waza wayizisa ngesitya intloko yakhe, wayinika intombi leyo; yaza yona
yayinika unina.

29Bekuvile oko abafundi bakaYohane, beza basithatha isidumbu sakhe, baya
kusingcwaba.

UYesu wandisa ukutya
(Mat 14:13-21; Luka 9:10-17; Yoh 6:1-14)

30 Abathunywa ke babuyele kuYesu, bamxelela zonke izinto ababezenzile
kwanababezifundisile.

31UYesu wathi kubo: “Yizani ngasese kwindawo engenabantu, niphumle
kancinane;” kuba babebaninzi abaphuma bengena, baza ababa nalo
nethutyana eli lokuba batye.

32Bemka ngesikhitshana ke bebodwa, besiya kwindawo engenabantu.

33Babonwa besimka, baza baziwa ngabaninzi. Bathi ke abantu, bevela kuzo
zonke iidolophu, bakhawuleza baya khona ngeenyawo, bafika ngaphambi
kwabo.

34Uthe ke uYesu, akuphuma esikhitshaneni, wasibona eso sihlwele, wavelana
naso, kuba sasinjengeegusha ezingenamalusi, waza ke wasifundisa izinto
ezininzi.

35Lakuba limkile ixesha, abafundi bakhe beza kuye, bathi: “Le ndawo
ayinamizi, nexesha selimkile;

36bandulule abantu bemke, baye emizini ejikelezileyo nasezidolophaneni,
bazithengele ukutya.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

37Kodwa waphendula wathi kubo: “Bapheni nina ukutya.” Bathi kuye ke: “Masithini ke? Uthi masiye kuthenga izonka zeerandi ezingamakhulu amabini, sibaphe batye?”

38Wathi yena kubo: “Izonka eninazo zingaphi? Hambani niye kukhangela.” Besazi ke, bathi: “Sinezonka ezihlanu neentlanzi ezimbini.”

39UYesu wabayalela abafundi bakhe ukuba babahlalise phantsi bonke engceni eluhlaza, babe ngamaqela ngamaqela.

40Bahlala phantsi ke bengamaqela ngamaqela, bengamakhulu namashumi ngamahlanu.

41Wazithatha uYesu ezo zonka zihlanu nezo ntlanzi zimbini, wathi, ekhangele ezulwini, wabulela, waziqhekeza izonka, wazinika abafundi bakhe, ukuba bazabele abantu. Kwanezo ntlanzi zimbini wazabela bona bonke.

42Batya ke bonke bahlutha.

43Kwaqokelelwa okuseleyo esonkeni nasentlanzini, kwazalisa iingobozi ezilishumi elinambini.

44Abo bâthi bazitya izonka ezo babekumawaka amahlanu amadoda.

UYesu uhamba phezu kwamanzi
(Mat 14:22-33; Yoh 6:15-21)

45Kwangoko ke uYesu wabanyanzela abafundi bakhe ukuba bangene esikhitshaneni, bamandulele baye ngaphesheya eBhetesayida, ngeli xa yena asindululayo isihlwele.

46Akuba ke ebulisile, wemka waya kuthandaza entabeni.

47Kuhlwe isikhitshana siphakathi elwandle, yena uYesu esele yedwa emhlabeni.

48Wababona ke abafundi bebulaleka kukubheqa isikhitshana, kuba umoya wawuvela ngaphambili. Ke, emva kwentsimbi yesithathu ekuseni, waya kubo ehamba phezu kwamanzi olwandle. Xa wayeza kugqitha kubo,

© 1996 Bible Society of South Africa.

49bambona ehamba phezu kwamanzi olwandle, baza bathi: “Ngumhlola lo!”
Batsho bakhala,

50kuba bambona bonke, babethwa luvalo. Kwangoko ke wathetha nabo,
wathi kubo: “Zolani; ndim; musani ukoyika.”

51Waya kukhwela apho esikhitshaneni, waza umoya wadamba. Bamangaliswa
kunene,

52kuba nommangaliso wezonka babengawuqondanga, kuba iintliziyo zabo
zaziqaqadekile.

UYesu uphilisa abagulayo ezweni laseGenesarete
(Mat 14:34-36)

53Bakuwelela ngaphesheya uYesu nabafundi bakhe bafika kwelaseGenesarete,
basirhuqela elunxwemeni isikhitshana.

54Bakuphuma esikhitshaneni, abantu bamqonda kwangoko uYesu,

55bathi saa kuwo wonke loo mmandla, baza babathwala ngeenkukho
abagulayo, bebasa apho babesiva ukuba ukho khona.

56Naphi na apho wayehamba khona, nokuba kusezidolophaneni, nokuba
kusezidolophini, nokuba kusemaphandleni, babesithi bababeke abagulayo
kwiindawo zembutho, bambongoze ukuba khe bachukumise nokuba
ngumqukumbelo nje wesambatho sakhe. Baphila ke abo bâmchukumisáyo.

UMarko 7

Isithethe samanyange
(Mat 15:1-9)

1 AbaFarasi nabachazi-mthetho abathile bahlanganisana ngakuYesu, bevela
eJerusalem,

2baza babona abathile kubafundi bakhe besitya isonka ngezandla ezinomlaza,
ezingahlanjwanga.

3Kaloku abaFarasi namaJuda onke abatyi bengazihlambanga izandla
ngokwesiko, begcine isithethe samanyange.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Naxa bevela emarikeni abatyi bengahlambanga. Zikho ke nezinye izinto ezininzi abazamkele ukuba bazigcine, ezinjengokutshizwa kweendebe, neebhekile, nezitya.

5AbaFarasi nabachazi-mthetho bambuza ke uYesu, besithi: “Kutheni na ukuba abafundi bakho bangenzi ngokwesithethe samanyange, le nto batya isonka ngezandla ezingahlanjwanga?”

6Wabaphendula esithi: “UIsaya wayenyanisile ukushumayela ngani, bahanahanisindini, njengokuba kubhaliwe kwathiwa: “ ‘Aba bantu bandibeka ngomlomo, kanti yona intliziyo ikude lee kum,’ itsho iNkosi.

7‘Bafumana bendihlonela, kuba bafundisa iimfundiso eziyimithetho nje yabantu.’

8“Kaloku niwuyekile umyalelo kaThixo, nasuka nagcina isithethe sabantu.”

9Kwakhona wathi kubo: “Ningamachule ekuwutshitshiseni umyalelo kaThixo, nokuze niphakamise esenu isithethe.

10Andithi uMosis wathi: ‘Beka uyihlo nonyoko;’ watsho nokuthi: ‘Othuka uyise, nokuba ngunina, makabulawe’ ?

11Kanti ukuba ubani unento angámnceda ngayo uyise nokuba ngunina, aze asuke athi uzimisele ukuyenza umnikelo kuThixo loo nto, nina ngokwesithethe senu nithi

12akasavumelekanga ukumenzela nto ngaloo nto uyise nokuba ngunina.

13Ngokwenjenjalo nilenza into engento ilizwi likaThixo, nilandele isithethe senu enisifundisayo. Zikho ke nezinye izinto ezininzi ezilolu hlobo enizenzayo.”

Ezona zinto zimngcolisayo umntu
(Mat 15:10-20)

14UYesu wayibizela kuye kwakhona indimbane, wathi: “Phulaphulani nonke, nivisise.

© 1996 Bible Society of South Africa.

15Umntu akangcoliswa yiloo nto ingena kuye ngomlomo; zizinto eziphuma
kuye entliziyweni ngaphakathi ezimngcolisayo.

[16Ke oneendlebe zokuva makeve.]”

17Akungena endlwini, evela kwindimbane leyo, abafundi bakhe bambuza
intsingiselo yala mazwi.

18Wathi kubo: “Nikwanje nani na ukungaqondi? Aniqondi na ukuba konke
akutyayo umntu, akunako ukumngcolisa?

19Kaloku akungeni entliziyweni yakhe, kungena esiswini, kuze kuphume xa
aye ngasese.” Ngala mazwi uYesu wayesithi zonke izidlo zihlambulukile.

20Wahambisa wathi: “Zizenzo eziphuma entliziyweni yomntu ezimngcolisayo.

21Kaloku zivela ngaphakathi entliziyweni yomntu iingcamango ezimbi.
Kulapho kuvela khona ubuhenyu, ubusela, ukubulala,

22ukukrexeza, ukunyoluka, inkohlakalo, inkohliso, ukurheletya, umona,
ukunyelisa uThixo, ikratshi, ububhanxa.

23Zonke ezi zinto zikhohlakeleyo ziphuma entliziyweni yomntu, zize
zimngcolise.”

Ukukholwa komSirofenikazi
(Mat 15:21-28)

24Emkile apho uYesu, waya emideni yaseTire; wangena endlwini, engafuni
ukuba kwaziwe ukuba ukho, kodwa akaba nako ukufihlakala.

25Umfazi othile, ontombazana yayinendimoni, uthe kwangoko akuva ngaye,
waya kuye, wazikhahlela ngasezinyaweni zakhe.

26Lo mfazi, ontetho yayisisiGrike, wayengumSirofenikazi ngokuzalwa.
Wabongoza uYesu ukuba ayikhuphe kwintombazana yakhe indimoni leyo.

27Wathi ke uYesu kuye: “Khawuyeke kuhluthe abantwana kuqala. Kaloku
akufanelekanga ukuba ukutya kwabantwana kunikwe iinjana.”

28Waphendula yena wathi kuye: “Kunjalo, Nkosi, kodwa noko iinjana
eziphantsi kwetafile zitya imvuthuluka yokutya kwabantwana.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

29Waza wathi kuye uYesu: “Ngenxa yokuthethileyo, hamba uhambe: indimoni
iphumile kwintombazana yakho.”

30Egodukile ke, wayifumana intombazana yakhe ingqengqe ebhedini,
iphumile indimoni.

UYesu uphilisa isithulu

31UYesu ke waphuma emideni yaseTire, wadlula eSidon, waya kuLwandle
lwaseGalili, ecanda kweleeDolophu eziliShumi.

32Kweziswa kuye isithulu esithintithayo, wabongozwa ukuba abeke isandla
phezu kwaso.

33UYesu ke wasishenxisa esihlweleni sasodwa, wafaka iminwe ezindlebeni
zaso, wathi etshicile, wachukumisa ulwimi lwaso,

34wakhangela ezulwini, wancwina wathi kuso: “Efata;” (oko kukuthi:
“Vuleka”).

35Zavuleka ke kwangoko iindlebe zaso, yacombuluka ingqambu yolwimi
lwaso, sathetha kakuhle.

36UYesu wabayala ukuba bangaxeleli bani, kodwa okukhona wabayalayo,
kwaba kokukhona bakuvakalisayo ngakumbi.

37Abantu bamangaliswa bathi nqa, besithi: “Konke akwenzayo ukwenza
kakuhle; uzenza nezithulu zive, nezimumu zithethe.”

UMarko 8

UYesu wandisa ukutya kwakhona

(Mat 15:32-39)

1Ngaloo mihla, xa kwakuhlanganisene isihlwele kwakhona, singenanto
sinokuyityа, uYesu wababizela kuye abafundi bakhe, wathi kubo:

2“Ndiyavelana nesi sihlwele, kuba sekuziintsuku ezintathu aba bantu bekunye
nam. Ke abasenanto ityiwayo.

3Ukuba ndiyabandulula bagoduke bengatyanga, bophelelwa endleleni, kuba
inxenye yabo ivela kude.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Bamphendula abafundi bakhe besithi: “Kungafumaneka phi apha entlango
ukutya okunokubanela aba bantu?”

5Wababuza ke esithi: “Zingaphi izonka eninazo?” Bathi ke bona:
“Zisixhenxe.”

6UYesu ke wasiyalela ukuba sihlale phantsi isihlwele; wazithatha ezo zonka
zisixhenxe, wabulela, waziqhekeza, wazinika abafundi bakhe ukuba bazabele
isihlwele. Benjenjalo ke.

7Babenazo neentlanzana ezimbalwa. Akuba uYesu ebulele kuThixo, wathi
mazabelwe isihlwele nazo.

8Batya ke, bahlutha, kwaza kwaqokelelwa iibhaskiti ezisixhenxe zizele
yintsalela.

9UYesu wasindulula ke eso sihlwele esasikumawaka amane abantu;

10waza kwangoko wakhwela esikhitshaneni kunye nabafundi bakhe, waya
kummandla waseDalmanuta.

AbaFarasi bafuna umqondiso
(Mat 16:1-4)

11Bafika ke abaFarasi, baza bamgocagoca ngemibuzo uYesu, befuna
umqondiso ovela ezulwini, bemlinga.

12Watsho ngesingqala esibuhlungu, wathi kubo: “Yini na ukuba esi
sizukulwana singxamele umqondiso? Ndithi kuni, inene, soze siwunikwe
umqondiso onjalo esi sizukulwana!”

13Wabashiya, waphinda wakhwela esikhitshaneni, wemka waya ngaphesheya
koLwandle lwaseGalili.

Igwele labaFarasi nelikaHerode
(Mat 16:5-12)

14Abafundi babelibele ukuphatha izonka, benesonka esinye kuphela
esikhitshaneni.

15Wabayala uYesu esithi: “Ligqaleni nililumkele igwele labaFarasi negwele
likaHerode.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Bona ke babesithi omnye komnye: “Útsho ngokuba singenazonka.”

17UYesu, ekwazi oko bakuthethayo, wathi kubo: “Yini na ukuba nithethe ngokungabi nazonka? Anikaqiqi na; aniqondi na? Ngaba iqaqadekile na intliziyo yenu?

18Ninamehlo nje, aniboni na? Nineendlebe nje, aniva na? Anikhumbuli na

19ukuba zazingaphi iingobozi ezizele ngamasalela okuyá ndandiqhekezela amawaka amahlanu izonka ezihlanu?” Bathi kuye: “Zazilishumi elinambini.”

20Kwakhona wathi: “Okuyá ke izonka ezisixhenxe ndandiziqhekezela amawaka amane, zazingaphi na iibhaskiti ezazizele yintsalela?” Bathi ke: “Zazisixhenxe.”

21Wathi ke kubo: “Phofu yini na ke ukuba ningaqondi?”

UYesu uphilisa imfama eBhetesayida

22Bafika ke eBhetesayida, kweziswa imfama kuYesu, wabongozwa ukuba ayichukumise.

23UYesu wayibamba ngesandla imfama leyo, waphuma nayo edolophini; waza wayiqaba ngamathe emehlweni, wayibeka izandla, wayibuza ukuba inanto iyibonayo na.

24Yaphakamisa intloko, yathi: “Ndibona abantu, bengathi yimithi. Nâbo behamba.”

25Kwakhona ke uYesu wazibeka izandla emehlweni ayo, yaza yakhangela yondela, yaphila, yabona konke ngokucacileyo.

26UYesu ke wayiyalela ukuba igoduke, esithi: “Sukubuyela edolophini.”

UPetros uyavuma ukuba uYesu unguKrestu
(Mat 16:13-20; Luka 9:18-21)

27Wemka uYesu nabafundi bakhe, waya ezidolophini zaseKhesariya-Filipi. Endleleni wababuza abafundi bakhe esithi: “Ngaba abantu bathi ndingubani na?”

© 1996 Bible Society of South Africa.

28Bamphendula besithi: “Kuthiwa ùnguYohane umbhaptizi. Abanye bathi ùnguEliya. Kanti abanye bathi ùngomye wabashumayeli.”

29Wathi ke yena kubo: “Ke nina nithi ndingubani?” Waphendula uPetros esithi kuye: “Wena unguye uKrestu.”

30UYesu ke wabayala ukuba bangaxeleli bani ngaye.

UYesu ufundisa okokuqala ngokufa nokuvuka kwakhe
(Mat 16:21-28; Luka 9:22-27)

31Waqala ke uYesu ukubafundisa abafundi bakhe, esithi: “ UNyana woLuntu umelwe kukuba eve ubunzima obukhulu; achaswe ngamadoda amakhulu, nangababingeleli abaziintloko, nangabachazi-mthetho; aze abulawe, athi emva kweentsuku ezintathu abuye avuke.”

32Wakuthetha oku kubo ngokucacileyo. UPetros ke, emse ngasese uYesu, wamkhalimela.

33Uthe ke uYesu, ejikile wajonga kubafundi bakhe, wakhalimela uPetros, esithi: “Suka umke kum, Sathana. Akuzinyamekeli izinto zikaThixo; unyamekela ezabantu.”

34UYesu wasibizela kuye isihlwele kwanabafundi bakhe, wathi kubo: “Othanda ukundilandela makazincame, awuthwale umnqamlezo wakhe, andilandele.

35Kuba othe wathanda ukusindisa ubomi bakhe, wolahlekelwa bubo; kodwa othe wabuncama ubomi bakhe ngenxa yam, nangenxa yeendaba ezimnandi ezi, wobusindisa.

36Kuba kaloku komnceda ntoni umntu, ukuba uthe walizuza ihlabathi liphela, kodwa walahlekelwa bubomi bakhe?

37Okanye umntu wobeka ntoni elingana nexabiso lobomi bakhe?

38Othe ke waneentloni ndim nangamazwi am kwesi sizukulwana sonayo, sikrexezayo ngokunganyaniseki kuThixo, naye uNyana woLuntu woba

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

neentloni nguye, xa athe weza esebuqaqawulini boYise, enezithunywa ezingcwele.”

UMarko 9

1Wathi kubo: “Ndithi kuni, inene, kukho abathile kwabakhoyo apha abangayi kuze beve kufa, bade bakubone ukuthwasa kolawulo lukaThixo olunobunganga. ”

UYesu wenziwa kumila kumbi
(Mat 17:1-13; Luka 9:28-36)

2Emva kweentsuku ezintandathu, uYesu uthathe uPetros noYakobi noYohane, banyuka intaba ephakamileyo bebodwa. UYesu ke wenziwa kumila kumbi phambi kwabo.

3Zasuka nezambatho zakhe zabengezela, zamhlophe qhwa; zamhlophe ngangokuba kungabikho bani emhlabeni apha unokuzenza njalo.

4Kwabonakala uEliya noMosis bethetha noYesu.

5Wasuka ke uPetros wathi kuYesu: “Mfundisi, kulungile ukuba sibe lapha. Masakhe amaphempe abe mathathu: elinye libe lelakho, elinye libe lelikaMosis, elinye libe lelikaEliya.”

6Wayesitsho kuba ebengayazi into anokuyithetha, kuba babesoyika kakhulu.

7Ke kwabakho ilifu elibagubungelayo, kwavakala nelizwi livela efini apho, lisithi: “Lo nguNyana wam endimthandayo; yivani yena.”

8Bakusinga-singa ke, ababa sabona mntu wumbi ngaphandle koYesu.

9Xa babesihla entabeni, uYesu wabayala ukuba bangazixeleli bani ezo zinto bazibonileyo, ade yena uNyana woLuntu avuke kwabafileyo.

10Babambelela kule ntetho, bebuzana bodwa ukuba ngaba ukuvuka kubo abafileyo kukuthini na.

11Bambuza uYesu besithi: “Kungani na ukuba abachazi-mthetho bathi uEliya umelwe kukufika kuqala?”

© 1996 Bible Society of South Africa.

12Waphendula wathi kubo: “Ewe, okunene nguEliya ofikayo kuqala azilungise
zonke izinto. Kodwa ke kutheni ukuba iziBhalo zitsho ukuthi uNyana
woLuntu ufanele ukuva ubunzima obukhulu, enziwe into engento yanto?

13Mna ke ndithi kuni: ufikile uEliya, baza abantu benza kuye konke
abakuthandayo, kwanjengoko zitshoyo ngaye iziBhalo.”

Ukuphiliswa komntwana onamafufunyana
(Mat 17:14-21; Luka 9:37-43a)

14Bakufika kubafundi, babona isihlwele sibangqongile, nabachazi-mthetho
bebaxoxisa.

15Sakumbona isihlwele, savuyiseka kakhulu sonke, sasuka kwangoko saya
kuye sibaleka, sambulisa.

16Wababuza ke esithi: “Nixoxisana ngantoni na?”

17Waphendula omnye esihlweleni apho wathi: “Mfundisi, bendizise unyana
wam kuwe, kuba unendimoni emenza angathethi.

18Ithi le ndimoni yakumqubula axhuzule, alephuze amagwebu, atshixize
namazinyo, asuke ome. Ndithethe nabafundi bakho ukuba bayikhuphe,
kodwa bakhohlwa.”

19UYesu waphendula wathi kubo: “Sizukulwanandini esingakholwayo, koda
kube nini na ndinani? Koda kube nini na ndininyamezela? Mziseni kum!”

20Bamsa ke. Loo ndimoni, yakumbona uYesu, yesuka kwangoko yamhlasela
watsho waxhuzula unyana lowo, wawa emhlabeni, wamana eqika-qikeka,
elephuza amagwebu.

21UYesu ke wabuza kuyise ukuba únaxesha lingakanani na ehliwe yile nto.
Wathi yena: “Kwasebuntwaneni bakhe.

22Le ndimoni imphose kaninzi emlilweni, kwanasemanzini, ukuba
imtshabalalise. Ke ukuba unako ukwenza into, sincede uvelane nathi.”

23Wathi kuye uYesu: “Oo, uthi: ‘Ukuba ndinako;’ – zonke izinto zinokwenzeka
kokholwayo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

24Kwangoko ke wakhala uyise womntwana lowo, wathi: “Ndiyakholwa!
Ndincede apho ukholo lwam lungenakufikelela khona!”

25UYesu ke, ebona isihlwele sibuthelana ngakumbi, wayikhalimela indimoni,
esithi kuyo: “Ndimonindini engathethiyo, esisithulu, ndithi kuwe, phuma
kuye, ungaze uphinde ungene!”

26Yakhala indimoni, yambetha watsho waxhuzula kunene umntwana,
yaphuma. Umntwana lowo ke waba njengofileyo, bada abaninzi bathi:
“Ufile.”

27UYesu ke wambamba ngesandla, wamvusa, wesuka wema.

28UYesu eye kungena endlwini, abafundi bakhe bambuza ngasese besithi:
“Bekutheni ukuba singabi nako ukuyikhupha le ndimoni thina?”

29Wathi kubo: “Olu lona uhlobo alunako ukuphuma kungengako
ukuthandaza.”

UYesu ufundisa okwesibini ngokufa nokuvuka kwakhe
(Mat 17:22-23; Luka 9:43b-45)

30Bemkile apho, bahamba becanda kwelaseGalili. UYesu wayengafuni ukuba
aziwe apho akhona,

31kuba wayebaxelela abafundi bakhe, esithi kubo: “UNyana woLuntu
wonikelwa ezandleni zabantu abaya kumbulala. Wothi ke ebulewe njalo,
abuye avuke ngomhla wesithathu.”

32Bona babengayiqondi into ayithethayo, besoyika nokumbuza ngayo.

Oyena mkhulu
(Mat 18:1-5; Luka 9:46-48)

33Bafika ke eKapernahum, waza uYesu akuba sendlwini, wababuza abafundi
bakhe esithi: “Benibuzana ngantoni endleleni?”

34Bahlala bathi tu, kuba endleleni babephikisana ngokuthi ngubani na
omkhulu kunabanye.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

35UYesu wahlala phantsi, wababiza abafundi abalishumi elinambini, wathi kubo: “Ukuba ubani ufuna ukuba ngoyena mkhulu, makazenze oyena mncinci kubo bonke, abe sisicaka sabo bonke.”

36Wathatha umntwana, wammisa phakathi kwabo, wamsingatha, wathi kubo:

37“Othe egameni lam wamkela noko amnye wabantwana abanje, wamkela mna; nothe wamkela mna, akamkeli mna nje, wamkela lowo wandithumayo.”

Ongachasaniyo nathi ungakuthi
(Luka 9:49-50; Mat 10:42)

38UYohane wathi kuYesu: “Mfundisi, sibone umntu okhupha iindimoni egameni lakho, saza samnqanda ke, kuba engenguye oweqela labafundi bakho.”

39Wathi uYesu: “Hayi, ngeningamnqandanga, kuba akukho namnye unokuthi enze ummangaliso egameni lam, aze andigxeke.

40Ongachasaniyo nathi ungakuthi.

41Inene, othe wanipha nekomityi le yamanzi ngenxa yam, ngokuba ningabakaKrestu, wowamkela ngokuqinisekileyo umvuzo wakhe.”

Ngezikhubekiso
(Mat 18:6-9; Luka 17:1-2)

42“Othe wakhubekisa nokuba mnye wabancinane abakholwayo, ngekumlungele kanye ukuba ebegangxwe ilitye lokusila entanyeni, waphoswa elwandle.

43Ukuba ke isandla sakho sithe sakukhubekisa sinqumle. Kulunge kanye ukuba ungene ebomini usisilima, kunokuba uthi, unezandla zozibini, umke uye esihogweni, emlilweni ongacimiyo,

[44apho ‘kumpethu ingafiyo, kumlilo ungacimiyo.’]

45Nokuba unyawo lwakho luthe lwakukhubekisa, lunqumle. Kulunge kanye ukuba ungene ebomini usisiqhwala, kunokuba uthi uneenyawo zombini, uphoswe esihogweni, [emlilweni ongacimiyo,

46apho ‘kumpethu, ingafiyo, kumlilo ungacimiyo.’]

© 1996 Bible Society of South Africa.

47Nokuba ke iliso lakho lithe lakukhubekisa, likhuphe. Kulunge kanye
ukuxhamla ukulawulwa nguThixo unaliso linye, kunokuba uthi, unamehlo
omabini, uphoswe esihogweni,

48apho ‘kumpethu ingafiyo, kumlilo ungacimiyo.’

49“Umntu ngamnye uya kugalelwa umlilo ngokungathi yityiwa.

50Ityiwa ilungile, kodwa ukuba ithe ayaba nasongo noyithini na
ukuyibuyisela isongo sayo? Yibani nesongo setyiwa phakathi kwenu, nihlale
ninoxolo omnye nomnye.”

UMarko 10

Uqhawulo-mtshato
(Mat 19:1-12; Luka 16:18)

1Emkile apho, uYesu waya kwelakwaJuda naphesheya kweJordan. Kwabuya
ke kwahlanganisana izihlwele ngakuye, waza wathi ngokwesiqhelo sakhe
wazifundisa.

2Bafika abaFarasi, bathi ngokumlinga bambuza ukuba kuvumelekile na ukuba
indoda imale umfazi wayo.

3Waphendula wathi kubo: “UMosis waniwisela mthetho mni na?”

4Bathi bona: “UMosis uyayivumela indoda ukuba ibhale incwadi
yokuqhawula umtshato, ize ke imale umfazi wayo.”

5Waphendula uYesu wathi kubo: “Wanibhalela lo mthetho ngenxa yokuba
lukhuni kweentliziyo zenu,

6kodwa kwasekuqalekeni kokudalwa ‘uThixo wabenza bayindoda nomfazi.

7Yiyo ke loo nto indoda ishiya uyise nonina nje, inamathele kumkayo,

8baze bamanyane.’ Ngako oko ke àbasebabini; banye.

9Abo ke ngoko uThixo abamanyileyo mabangahlulwa mntu.”

10Endlwini abafundi bakhe babuya bambuza uYesu ngayo loo nto.

11Wathi ke kubo: “Othe wamala umfazi wakhe, wazeka omnye, uyakrexeza.

© 1996 Bible Society of South Africa.

12Nokuba umfazi uthe wayala indoda yakhe, wendela kwenye, uyakrexeza.”

UYesu usikelela abantwana
(Mat 19:13-15; Luka 18:15-17)

13Kwathi xa kwakuziswa abantwana kuYesu ukuba abachukumise, basuka abafundi babakhalimela abo babazisayo.

14Ke kaloku ekubonile oku uYesu, wakhathazeka, wathi kubo: “Bayekeni abantwana beze kum, ningabanqandi, kuba ábalawulwa nguThixo ngabanjengabo.

15Ndithi kuni, inene, othe akakuthobela njengomntwana ukulawulwa nguThixo, soze abuve ubuncwane bolo lawulo.”

16Waza wabasingatha abantwana, wabasikelela ebabeka izandla.

Umfana osisityebi
(Mat 19:16-30; Luka 18:18-30)

17Xa wayephuma uYesu ehamba, umntu othile weza ebaleka, waguqa phambi kwakhe, wambuza esithi: “Mfundisi olungileyo, ndingenza ntoni ukuze ndibudle ilifa ubomi obungunaphakade?”

18UYesu ke wathi kuye: “Kutheni usithi ndilungile nje? Akukho mntu ulungileyo. Mnye kuphela olungileyo: nguThixo.

19Uyayazi le mithetho ithi: ‘Uze ungabulali; uze ungakrexezi; uze ungebi; uze ungangqini ubuxoki; uze ungaqhathi; beka uyihlo nonyoko.’ ”

20Waphendula yena wathi kuye: “Mfundisi, zonke ezo zinto ndazenza kwasebuncinaneni bam.”

21UYesu wathi akumondela, weva emthanda, wathi kuye: “Kukho nto inye uyisweleyo: hamba uye kuzithengisa zonke izinto onazo, uyiphe amahlwempu imali leyo; woba nobutyebi ezulwini; uze kum ke, undilandele.”

22Wadana akukuva oko, wemka ebuhlungu, kuba wayesisinhanha.

23UYesu ke esinga-singile, wathi kubafundi bakhe: “Hayi ubunzima bokuba izityebi zikuxhamle ukulawulwa nguThixo!”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

24Ke abafundi bakhe bamangaliswa ngala mazwi akhe. Waza uYesu waphinda
wathetha nabo, wathi kubo: “Bantwana bam, hayi ubunzima bokuxhamla
ukulawulwa nguThixo.

25Kungálula ukuba inkamela iphumele entunjeni yenaliti, kunokuba isityebi
sixhamle ubuncwane bokulawulwa nguThixo.”

26Bamangaliswa kunene, bathi omnye komnye: “Ngubani ke onokusindiswa?”

27Ondele kubo, uYesu wathi: “Kubantu oku akunakwenzeka, kodwa kuThixo
akunakungenzeki, kuba zonke izinto zinokwenzeka kuThixo.”

28Waza uPetros wathi kuye: “Khangela, thina sishiye zonke izinto
sakulandela.”

29Waphendula uYesu wathi: “Ndithi kuni, inene, akukho namnye ushiye
indlu, nokuba ngabantakwabo, nokuba ngoodade wabo, nokuba ngunina,
nokuba nguyise, nokuba ngabantwana, nokuba ngamasimi, ngenxa yam
nangenxa yeendaba ezimnandi,

30ongayi kuthi amkele kalikhulu: izindlu, nabantakwabo, noodade wabo,
noonina, nabantwana, namasimi, zikunye neentshutshiso kweli phakade; aze
ke athi kwelizayo iphakade amkele ubomi obungunaphakade.

31Baninzi ke phofu abaya kuthi bengabokuqala babe ngabokugqibela,
nabokugqibela abaya kuba ngabokuqala.”

UYesu ufindisa okwesithathu ngokufa nokuvuka kwakhe
(Mat 20:17-19; Luka 18:31-34)

32Ke kaloku babesendleleni, benyuka besiya eJerusalem, uYesu ehamba
ngaphambili. Abafundi bakhe babemangalisiwe; abo bamlandelayo besoyika.
Waphinda wabathatha abafundi abalishumi elinambini, waza wabaxelela
izinto eziza kumhlela,

33esithi: “Niyabona, siyenyuka, siya eJerusalem, apho uNyana woLuntu aya
kunikelwa khona kubabingeleli abaziintloko, nakubachazi-mthetho. Baya
kumgwebela ukufa, bamnikele kwabasemzini.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

34Bona ke baya kumenza intlekisa, bamtshicele, bamkatse, bambulale; aze athi ngomhla wesithathu abuye avuke.”

Isicelo sikaYakobi noYohane
(Mat 20:20-28)

35Ke kaloku uYakobi noYohane, oonyana bakaZebhedi, beza kuYesu, bathi: “Mfundisi, sifuna ukuba usenzele oko sothi sikucele kuwe.”

36Wathi kubo: “Nifuna ukuba ndinenzele ntoni na?”

37Bathi bona kuye: “Sicela ukuba usinike ezona zikhundla ziphezulu xa usewongeni.”

38Wathi kubo uYesu: “Aniyazi into eniyicelayo. Ninako na ukuyisela indebe endiyiselayo mna, nibhaptizwe ngobhaptizo endibhaptizwa ngalo mna?”

39Bathi ke bona kuye: “Sinako.” Wathi ke uYesu kubo: “Okunene intlungu endiyivayo mna niya kuyiva nani, nobhaptizo endibhaptizwa ngalo mna niya kubhaptizwa kwangalo;

40kodwa kona ukwaba izikhundla akulolungelo lam. Ezo zikhundla zezâbo bazilungiselelweyo nguThixo.”

41Bakuyiva le nto ithethwa nguYakobi noYohane, abanye abafundi abalishumi bakhathazeka.

42UYesu ke, ebabizele kuye, wathi kubo: “Niyazi ukuba ezintlangeni abo bathi bayalawula banobukhosi kuzo; nâbo bazizikhulu zazo benza ngegunya kuzo.

43Kodwa ke akunjalo phakathi kwenu. Ofuna ukuba mkhulu phakathi kwenu, makabe ngumkhonzi wenu;

44nofuna ukuba ngowokuqala, makabe sisicaka sabo bonke.

45Kuba kaloku noNyana woLuntu akezanga kukhonzwa, weza kukhonza, nokuncama ubomi bakhe, bube yintlawulelo yokukhulula abaninzi.”

UYesu uphilisa imfama eJeriko
(Mat 20:29-34; Luka 18:35-43)

© 1996 Bible Society of South Africa.

46Bafika ke eJeriko. Xa uYesu nabafundi bakhe nesihlwele esikhulu babephuma apho eJeriko, unyana kaTimeyu, uBhartimeyu, imfama, wayehleli ngasendleleni engqiba.

47Wathi ke akuva ukuba nguYesu waseNazarete, wadanduluka esithi: “Yesu, Nyana kaDavide, ndenzele inceba!”

48Abaninzi babemkhalimela besithi makathi tu, kodwa kwaba kokukhona wadandulukayo ngakumbi esithi: “Nyana kaDavide, ndenzele inceba!”

49Wema uYesu, wathi: “Mbizeni.” Bayibiza imfama, besithi kuyo: “Yomelela; phakama; úyakubiza.”

50Ithe ke imfama, ilahle ingubo yayo, yaphakama, yeza kuYesu.

51UYesu wathi kuyo: “Ufuna ukuba ndikwenzele ntoni na?” Yathi kuye imfama: “Nkosi yam, ndifuna ukuba ndibone.”

52Wathi kuyo uYesu: “Hamba uhambe; ukholo lwakho lukuphilisile.” Yabona ke kwangoko, yamlandela uYesu endleleni apho.

UMarko 11

UYesu ungena eJerusalem ekhwele idonki

(Mat 21:1-11; Luka 19:28-40; Yoh 12:12-19)

1Ke kaloku, bakusondela eJerusalem, eBhetefage naseBhetani, ngaseNtabeni yemiNquma, uYesu wathuma ababini kubafundi bakhe,

2esithi kubo: “Hambani niye kule dolophana ikhangelene nani. Nothi ke ningenanje nifumane inkonyana yedonki ibotshelelwe, ekungazange kukhwele mntu kuyo. Yikhululeni ke, niyizise apha.

3Ukuba ubani uthe kuni: ‘Kutheni na ukuba nikwenze oku?’ ze nithi: ‘Iyafuneka eNkosini. Iza kubuyiswa kwangoku.’ ”

4Basuka ke baya, bayifumana inkonyana ibotshelelwe ngasesangweni esitalatweni. Bakuyikhulula ke,

5abathile kwababemi khona bathi kubo: “Nenza ntoni na, niyikhulula nje inkonyana?”

© 1996 Bible Society of South Africa.

6Bathetha ke njengoko babeyalelwe nguYesu, baza bayekwa.

7Bayizisa inkonyana kuYesu, bandlala iingubo zabo phezu kwayo, wakhwela.

8Abaninzi ke bandlala iingubo zabo endleleni, bathi abanye bandlala amahlamvu abawakhe emasimini.

9Abo babehamba ngaphambili nabo babelandela ngasemva babedanduluka besithi: “Camagu! Makabongwe lowo uzayo egameni leNkosi!

10Makabongwe oza kuvusa ulawulo lukaBawo uDavide! Sithi: ‘Bayethe!’ kuPhezukonke.”

11UYesu ke wangena eJerusalem, wangena nasendlwini kaThixo, wahamba ezibuka izinto zonke, wathi, ngenxa yokuba kwakusekuhlwile, waphuma waya eBhetani, enabafundi bakhe abalishumi elinambini.

Umqondiso womkhiwane; ukuvalwa korhwebo endlwini kaThixo

(Mat 21:12-22; Luka 19:45-48; Yoh 2:13-22)

12Ngengomso, bakuba bephumile eBhetani, uYesu waziva elambile,

13waza wathi, akuba ebone umkhiwane uthe qelele, unamagqabi, waya kukhangela ukuba angafumana siqhamo na kuwo. Akufika kuwo akafumananga nto ngaphandle kwamagqabi, kuba kwakungelilo ixesha lamakhiwane.

14UYesu ke wathi kuwo umkhiwane: “Ze kungaze kutyiwe siqhamo kuwe naphakade!” Babesiva abafundi bakhe.

15Bafika ke eJerusalem, uYesu waya kungena endlwini kaThixo, waza wabakhupha abathengayo nabathengisayo, wathi neetafile zabatshintshi bemali nezihlalo zabathengisa amahobe wazibhukuqa.

16Wayengavumi ukuba kubekho bani ucanda endlwini kaThixo ethwele nokuba yintoni na.

17Wabafundisa esithi: “Akatsho na uThixo eziBhalweni ukuthi: ‘Indlu yam iya kubizwa ngokuba yindlu ekuthandazelwa kuyo ziintlanga zonke’ ? Ke nina niyenzé umqolomba wezihange. ”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

18Bekuvile oku ababingeleli abaziintloko nabachazi-mthetho, bafuna indlela abanokumbulala ngayo uYesu. Babesoyika, kuba indimbane yonke yayimangalisiwe yimfundiso yakhe.

19Kwakuhlwa, uYesu nabafundi bakhe baphuma esixekweni.

20Kwaza kwathi kusasa, ukubuya kwabo, bawubona umkhiwane lowo womile ukususela ezingcanjini.

21UPetros ke ekhumbule okwezolo, wathi kuye: “Mfundisi, khangela umkhiwane owuqalekisileyo womile.”

22Waphendula uYesu wathi kubo: “Kholwani kuThixo. Ndithi kuni, inene,

23othe kule ntaba: ‘Funquka, uphoseke elwandle;’ abe ke esitsho engathandabuzi entliziyweni yakhe, kodwa ekholwa ukuba oko akuthethayo kuya kwenzeka, wokwenzelwa.

24Ngenxa yoko ndithi kuni, zonke izinto enizicela nithandaza, kholwani ukuba senizinikiwe; nozifumana ke.

25Naxa nithandazayo, ukuba ninendawo ngakubani, mxoleleni, ukuze noYihlo osezulwini anixolele iziphoso zenu.

[26Ke, ukuba anixoleli, nàye uYihlo osezulwini akayi kunixolela iziphoso zenu.]”

Igunya likaYesu
(Mat 21:23-27; Luka 20:1-8)

27Bafika ke eJerusalem kwakhona, kwaza kwathi, uYesu ehamba-hamba endlwini kaThixo kwafika kuye ababingeleli abaziintloko nabachazi-mthetho namadoda amakhulu.

28Bona bambuza besithi: “Ezi zinto uzenza ngagunya lini na? Ingubani na kakade okunike elo gunya lokwenza ezi zinto?”

29Waphendula uYesu wathi kubo: “Nam ndiya kunibuza mbuzo mnye. Ukuba nithe nandiphendula, ndonixelela ukuba ndizenza ngagunya lini na ezi zinto.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

30Khanindixelele, ngaba ubhaptizo lukaYohane lwaluvela ezulwini, okanye
lwaluvela ebantwini?”

31Baxoxa bodwa, besithi: “Ukuba sithe: ‘Lwaluvela ezulwini,’ wothi:
‘Kwakutheni ke phofu ukuze ningamamkeli?’

32Ngaba sinokuthi: ‘Lwaluvela ebantwini’?” – kodwa babesoyika isihlwele,
kuba bonke babesithi uYohane wayengumshumayeli ngokwenene.

33Baphendula ke bathi kuYesu: “Asazi.” Waphendula uYesu wathi kubo:
“Nam ke andinixeleli ukuba ndizenza ngagunya lini na ezi zinto.”

UMarko 12

Umzekeliso ngesidiliya nabaqeshi baso

(Mat 21:33-46; Luka 20:9-19)

1Waza ke uYesu wathetha nabo ngemizekeliso, esithi: “Umntu othile watyala
isidiliya, wasibiyela, wemba isixovulelo seediliya, wakha imboniselo,
wasiqeshisa kubalimi, wahambela kwelinye ilizwe.

2Ngexesha lokuvuthwa kweziqhamo ke, wathuma isicaka kwabo balimi,
ukuze bamnike eziqhameni zesidiliya eso.

3Basuka bona basihlasela, basibetha, basindulula singaphathanga nto.

4Wabuya ke wathuma esinye isicaka kubo. Sona basigqebha iinduma,
basihlazisa.

5Wabuya wathuma esinye, baza basibulala eso sicaka. Wathuma nezinye ke
zazininzi, baza inxenye bayibetha, inxenye bayibulala.

6Wathi ngoko, kusele mntu mnye angámthumayo, unyana oyintanda,
wamthuma kubo ekugqibeleni, esithi: ‘Baya kumhlonela yena unyana wam.’

7Ke bona abo balimi bathi omnye komnye: ‘Yindlalifa le. Masiyibulale, ilifa
libe lelethu.’

8Bambamba ke unyana lowo, bambulala, bamphosa ngaphandle kwesidiliya.

9“Uya kwenza ntoni na ke ngoko umnini-sidiliya? Wofika abatshabalalise abo
balimi, asinikele bantu bambi eso sidiliya.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Niyifundile kaloku eziBhalweni indawo ethi: “ ‘Ilitye abalidelayo abakhi lilo
elaba lelona libalulekileyo lesiseko.

11Oku kwênzeka kuvela eNkosini; kungummangaliso emehlweni ethu.’ ”

12Ababingeleli abaziintloko nabachazi-mthetho namadoda amakhulu
babefuna ukumbamba ke uYesu, kuba kwakuqondakele ukuba uzekelisa
ngabo. Kodwa babesoyika isihlwele, baza bamyeka bemka.

Umbuzo ngerhafu
(Mat 22:15-22; Luka 20:20-26)

13Kwathunyelwa ke kuYesu abathile babaFarasi nabathile beqela
lamaHerode, ukuze bambambise ngamazwi.

14Befikile ke bona, bathi kuye: “Mfundisi, siyazi ukuba uthembekile,
ungenamkhethe, kuba akucengi bani, kodwa uyifundisa ngenyaniso indlela
kaThixo. Khawutsho ke, ngaba kuvumelekile na ukurhafa kuKhesare, okanye
akuvumelekanga; masiyirhole irhafu, singayirholi, kusini na?”

15Ke yena, ekwazi ukuhanahanisa kwabo, wathi kubo: “Nindilingelani na?
Ndiziseleni imali ndiyibone.”

16Bayizisa ke, waza wathi kubo: “Ngokabani na lo mfanekiso neli gama?”
Bathi kuye: “NgokaKhesare.”

17Waphendula ke uYesu, wathi kubo: “Ke, nikani uKhesare okufanele
uKhesare, ninike uThixo okufanele uThixo.” Bamangaliseka yimpendulo
yakhe.

Umbuzo ngovuko lwabafileyo
(Mat 22:23-33; Luka 20:27-40)

18Kweza nabaSadusi kuYesu (bona bathi akukho luvuko lwabafileyo),
bambuza besithi:

19“Mfundisi, uMosis wasibhalela umthetho esithi: ‘Ukuba ubani uthe wafa,
eshiya umfazi engekabi nabantwana, makathi umntakwabo amngene umfazi
lowo, baze bamzalele abantwana umfi lowo.’

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

20Ke kaloku kwakukho oonyana bomntu abasixhenxe, yaza inkulu yazeka umfazi, yasweleka ingenabantwana.

21Wathi ke owesibini wamngena, kodwa naye wasweleka engenabantwana. Benjenjalo ke

22bosixhenxe, kodwa abashiya mntwana. Emva kwabo bonke wasweleka naye umfazi.

23Ke ngoko eluvukweni lwabafileyo uya kuba ngumfazi wawuphi kubo? Kuba kaloku bosixhenxe babemthathile.”

24Wabaphendula uYesu wathi: “Nilahlekiswa kukuba ningaziqondi iziBhalo, ningawazi namandla kaThixo.

25Kaloku xa abafileyo bathe babuya bavuka, àbazeki, àbendiswa; banjengezithunywa ezisezulwini.

26Ngokusingisele kukuvuswa kwabafileyo, anifundanga na encwadini kaMosis, kwisiqendu esithetha ngetyholo elivuthayo, okokuba uThixo wathetha naye esithi: ‘Mna ndinguThixo ka-Abraham, uThixo kaIsake, uThixo kaYakobi’ ?

27AkaThixo wabafileyo; unguThixo wabaphilayo. Ke nina nilahleke kakhulu.”

Owona myalelo mkhulu
(Mat 22:34-40; Luka 10:25-28)

28Kwafika omnye wabachazi-mthetho, wabeva bebambene ngemibuzo, waqonda ukuba uYesu ubaphendule kakuhle. Wambuza ke esithi: “Owona myalelo mkhulu kunayo yonke nguwuphi?”

29UYesu wamphendula esithi: “Owona myalelo mkhulu ngulo uthi: ‘Yiva, Sirayeli, iNkosi uThixo wethu yiNkosi ényé.

30Uze uyithande ke iNkosi uThixo wakho ngentliziyo yakho iphela, nangomphefumlo wakho uphela, nangengqondo yakho iphela, nangamandla akho ephela.’

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

31Owesibini ke ngulo: ‘Uze umthande ummelwane wakho kanye ngale ndlela uzithanda ngayo nawe.’ Akukho myalelo wumbi ubalulekileyo kunalé mibini.”

32Umchazi-mthetho ke wathi kuye: “Ngxatsho ke, Mfundisi, unyanisile ukuthi mnye uThixo, kungekho wumbi ngaphandle kwakhe;

33nokuthi umthande yena ngentliziyo iphela, nangengqiqo iphela, nangamandla ephela, nokuthi umthande ummelwane wakho kanye ngale ndlela uzithanda ngayo, kungaphezulu lee kunayo yonke imibingelelo namadini atshiswayo. ”

34UYesu embonile ukuba uphendule ngengqiqo, wathi kuye: “Akukude wena ekulawulweni nguThixo.” Emva koko akwaba sabakho mntu unobuganga bakumbuza nto.

UKrestu unyana kaDavide
(Mat 22:41-46; Luka 20:41-44)

35Efundisa endlwini kaThixo uYesu, wabuza esithi: “Batsho ngani na abachazi-mthetho ukuthi: ‘UKrestu ngunyana kaDavide’?

36Kaloku uDavide ngokwakhe, ekhokelwa nguMoya oyiNgcwele, wathi: “ ‘Yathi iNkosi eNkosini yam: Hlala ngakum kweli wonga lo gama ndikoyisela iintshaba zakho.’

37“Ukuba uDavide ngokwakhe uthi uKrestu yiNkosi, angathini na ke ukuba ngunyana wakhe?” Yamphulaphula ngomdla loo ndimbane yabantu.

UYesu ulumkisa ngabachazi-mthetho
(Mat 23:1-36; Luka 20:45-47)

38Ekusifundiseni kwakhe uYesu isihlwele wayesithi: “Balumkeleni abachazi-mthetho, abathanda ukuhamba ngezambatho ezide, bethanda ukuba kukhahlelwe kubo kwiindawo zembutho,

39befuna izihlalo eziphambili ezindlwini zesikhungo, neendawo zamawonga ezidlweni.

© 1996 Bible Society of South Africa.

40Abo bayiphangayo imizi nemfuyo yabahlolokazi, baze bazenzise besitsho
ngemilembelele yemithandazo, ngabo abaya kufumana esona sohlwayo
sikhulu.”

Umnikelo womhlolokazi
(Luka 21:1-4)

41UYesu waya kuhlala phantsi endlwini kaThixo malunga nesikhongozeli-
mali, wasibukela isihlwele sifaka imali kwisikhongozeli apho. Izityebi
ezininzi zazinikela kakhulu.

42Ke kwafika mhlolokazi uthile ulihlwempu, wafaka iimalana zambini,
ezixabiso limalunga nesenti.

43UYesu wababizela kuye abafundi bakhe, wathi kubo: “Ndithi kuni, inene, lo
mhlolokazi ulihlwempu unikele ngaphezu kwabo bonke abafake imali
kwisikhongozeli.

44Kuba bonke abanye banikele bekhupha kwintabalala yabo, kanti yena
eswele nje, uzibhokoxile, wanikela konke abenako.”

UMarko 13

UYesu uthetha ngokudilizwa kwendlu kaThixo
(Mat 24:1-2; Luka 21:5-6)

1Xa ke uYesu wayephuma endlwini kaThixo, omnye umfundi wakhe wathi
kuye: “Mfundisi, uyawabona la matye angaka, nezi zakhiwo zingaka?”

2Waphendula uYesu wathi kuye: “Uyazibona ezi zakhiwo zingaka? Akusayi
kusala litye phezu kwelitye elingayi kudilizwa.”

Ukuqala kwentshutshiso
(Mat 24:3-14; Luka 21:7-19)

3UYesu wayehleli eNtabeni yemiNquma, ejongene nendlu kaThixo, baza
bambuza bebodwa ooPetros noYakobi noYohane noAndreya, besithi:

4“Sixelele ukuba ziya kubakho nini na ezo zinto, nokuba uya kuba yintoni na
umqondiso wokuzalisekiswa kwazo.”

5Waza wabaphendula uYesu wathi: “Lumkani ningalahlekiswa bani,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6kuba baninzi abaya kuza egameni lam, besithi banguye uKrestu, balahlekise into eninzi yabantu.

7Xa nithe neva ngeemfazwe nangamarhe eemfazwe, ze ningoyiki, kuba ezo zinto zimelwe kukubakho, kanti ke akukabi kuko ukuphela oko.

8Uhlanga luya kuvukelana nohlanga, nokumkani avukelane nokumkani; kuya kubakho iinyikima zomhlaba kwiindawo ngeendawo, kubekho neendlala. Kunjengokuqala kwenimba ke oko.

9“Zilumkeleni ke okwenu. Baya kuninikela ezinkundleni, nikatswe ezindlwini zesikhungo, nimiswe phambi kwabalawuli nookumkani ngenxa yam, ningqine kubo.

10Kuqala ke iindaba ezimnandi ezi zimelwe kukuvakaliswa kuzo zonke iintlanga.

11Xa banibambayo banise ezinkundleni, musani ukuyixhalela into eniya kuyithetha, kodwa thethani oko nithe nakunikwa ngelo xesha, kuba asinini abathethayo, nguMoya oyiNgcwele.

12Ke kaloku oonyana bomntu omnye baya kunikelana ekufeni, aze uyise anikele umntwana wakhe, baze nabantwana bavukele abazali, bababulale.

13Niya kuthiywa ngabantu bonke ngenxa yegama lam. Ke lowo unyamezelayo kude kube sekupheleni wosindiswa.”

Imbandezelo enkulu
(Mat 24:15-28; Luka 21:20-24)

14“Ke kaloku, xa nithe nalibona ‘isikizi elimanyumnyezi, mhla ngophanziso,’ lilapho lingamelwe kukuba khona (ofundayo makaqiqe),mabathi ngelo xesha abakwelakwaJuda babalekele ezintabeni.

15Ophezu kwendlu ke makangehli ukuya kuthatha nto endlwini yakhe.

16Nalowo usentsimini makangabi sayiphuthuma ingubo yakhe.

17Hayi ke kwabanzima nabadlezana ngaloo mihla!

18Thandazelani ukuba oku kungenzeki ebusika,

© 1996 Bible Society of South Africa.

19kuba ngaloo mihla kuya kubakho imbandezelo engazange ibekho ukususela
ekudalweni kwendalo nguThixo, kude kube ngoku, kwaye ingasayi kuphinda
ibekho enjalo.

20Ke ukuba iNkosi ibingayinciphisanga loo mihla, bekungayi kubakho bani
usindayo; kodwa iNkosi ithe, ngenxa yabanyulwa abachongwe yiyo,
yayinciphisa imihla leyo.

21“Ngelo xesha ke, ukuba ubani uthe kuni: ‘Nanku apha uKrestu;’ nokuba
uthe: ‘Nankuya phaya;’ musani ukukholwa kuloo nto;

22kuba kuya kuvela abathi banguKrestu bengenguye, kuvele nabashumayeli
abangengabo, benze imiqondiso nemimangaliso kangangokuba bade
balahlekise nabanyulwa bakaThixo, ukuba oko bekunokwenzeka.

23Lumkani ke nina! Kaloku ndinixelele ezi zinto zingekenzeki.”

Ukuza koNyana woLuntu
(Mat 24:29-31; Luka 21:25-28)

24“Ngaloo mihla, emva kwayo loo mbandezelo, ilanga liya kwenziwa
mnyama, ithi nenyanga ingakhanyi,

25zithi neenkwenkwezi zivuthuluke ezulwini, nako konke okunamandla
esibhakabhakeni kudunga-dungeke.

26Baya kumbona ke ngelo xesha uNyana woLuntu esiza esemafini, enamandla
amakhulu nobuqaqawuli.

27Ngelo xesha uya kuthuma izithunywa zezulu zibahlanganisele ndawonye
abanyulwa bakhe, bevela kumacala omane omhlaba, kususela esiphelweni
sehlabathi kuse esiphelweni sezulu.”

Umzekeliso ngomkhiwane
(Mat 24:32-35; Luka 21:29-33)

28“Fundani kuwo umkhiwane ongumzekelo kuni. Xa sewuthe wathamba
amasebe, wahluma amagqabi, niyazi ukuba ihlobo likufuphi.

29Ngokukwanjalo ke, xa nithe nazibona ezo zinto zisenzeka, yazini ukuba
kukufuphi, sekusemnyango.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

30Ndithi kuni, inene, esi sizukulwana asiyi kudlula, zingadanga zenzeke
zonke ezi zinto.

31Liya kudlula izulu nehlabathi; ke wona amazwi am akasayi kuze adlule.”

Phaphani nilinde
(Mat 24:36-44)

32“Ke akukho bani uwaziyo loo mhla nelo xesha. Nezithunywa ezisezulwini
azazi, engazi naye uNyana lo. Kuphela nguYise owaziyo.

33Lumkani ke ningozeli, kuba anazi ukuba lofika nini na ixesha elo.

34Kufana nomntu ohambeleyo eshiya indlu yakhe, aze azinike igunya izicaka
zakhe, enika umsebenzi isicaka ngasinye, amyalele umgcinisango ukuba
alinde.

35Lindani ke, kuba ningâzi ukuba wofika nini na umninindlu. Kaloku angafika
nanini na: nokuba kungolwemivundla, nokuba kusezinzulwini zobusuku,
nokuba kungeenkuku zokuqala, nokuba kuxa kumpondo zankomo.

36Lindani ke, hleze afike ngebhaqo, anifumane nilele.

37Ke oko ndikuthethayo kuni, ndikutsho kubo bonke: Lindani!”

UMarko 14

UYesu uyabhungwa
(Mat 26:1-5; Luka 22:1-2; Yoh 11:45-53)

1Ke kaloku kwakuziintsuku ezimbini phambi kwePasika netheko lezonka
ezingenagwele. Ke ababingeleli abaziintloko nabachazi-mthetho babefuna
iqhinga lokumbamba uYesu, bambulale.

2Kodwa babesithi: “Oku makungenziwa ngePasika, hleze kubekho isiphithi-
phithi.”

Ukuthanjiswa kukaYesu eBhetani
(Mat 26:6-13; Yoh 12:1-8)

3Kwathi uYesu eseBhetani, esetafileni endlwini kaSimon uZitshangubana,
kwafika umntu obhinqileyo, eneqhaga lelityе lelabhastile, linamafutha

© 1996 Bible Society of South Africa.

angangxengwanga axabiso likhulu esiqholo esiyinadusi. Waliqhekeza ke elo qhaga, wathambisa intloko kaYesu ngamafutha lawo.

4Kwakukho abathile abacaphukáyo, besithi omnye komnye: “Kutheni na ukuba kwenziwe le nkcitho yamafutha aqholiweyo?

5Ngethengiswe ngemali engaphezu kweerandi ezingamakhulu amathathu, kwaphiwa amahlwempu.” Baza ke bayikhalazela loo ntokazi.

6UYesu ke wathi: “Myekeni; nimkhathazelani? Úndenzele into entle.

7Kaloku amahlwempu lawo nihleli ninawo: nanini na nakuthanda ningawanceda. Mna ke anihleli ninam.

8Le ntokazi yenze loo nto ibinokuyenza. Umzimba wam iwuthambisele ukungewatywa kwangaphambili.

9Ndithi kuni, inene, naphi na apho zithe zavakaliswa khona ezi ndaba zimnandi kulo lonke ihlabathi, iya kuxelwa nayo le nto iyenzileyo yona, ibe sisikhumbuzo ngayo.”

UJudas uceba ukungcatsha uYesu
(Mat 26:14-16; Luka 22:3-6)

10UJudas Sikariyoti, omnye wabafundi abalishumi elinambini, wesuka ke waya kubabingeleli abaziintloko ukuze amnikele kubo uYesu.

11Bathi bona bakuva bavuya, bamthembisa ngemali. Yena ke wahlala efuna ithuba lokuba amnikele.

UYesu nabafundi bakhe batya iPasika
(Mat 26:17-25; Luka 22:7-14,21-23; Yoh 13:21-30)

12Ke kaloku ngowokuqala umhla wetheko lezonka ezingenagwele, xa kwakubingelelwa itakane lePasika, abafundi bakaYesu bathi kuye: “Ufuna ukuba siye kuyilungiselela phi na iPasika?”

13Ke wathuma bababini kubafundi bakhe, wathi kubo: “Hambani niye esixekweni. Nodibana nomfo ophethe ingqayi yamanzi. Mlandeleni ke,

© 1996 Bible Society of South Africa.

14niye kuloo ndlu angena kuyo, nithi kumnini-mzi: ‘Uthi uMfundisi: “Liphi na igumbi leendwendwe elilungiselelwe mna, apho ndingáyidlela khona iPasika nabafundi bam?” ’

15Yena wonibonisa igumbi elikhulu, eliphezulu, linempahla yalo. Lungiselelani apho ke.”

16Bahamba abo bafundi, baya kungena esixekweni, bafika kunjengoko wayetshilo, bayilungiselela iPasika.

17Kwakuhlwa, wafika uYesu, enabafundi bakhe abalishumi elinambini.

18Bakuba behleli besitya, uYesu wathi kubo: “Ndithi kuni, inene, omnye kuni apha, nina nityayo kunye nam, uya kundingcatsha.”

19Baza ke baba buhlungu, besithi kuye ngabanye ngabanye: “Ngaba iya kuba ndim na? Ngaba iya kuba ndim na?”

20Waphendula ke wathi kubo: “Iya kuba ngomnye kubafundi abalishumi elinambini, lowo usithi nkxu kunye nam isonka esityeni.

21Okunene uNyana woLuntu uyemka, njengoko zitshoyo ngaye iziBhalo; kodwa hayi loo mntu angcatshwa nguye uNyana woLuntu! Ngekumlungele ukuba ebengazalwanga.”

Ukusungulwa komthendeleko

(Mat 26:26-30; Luka 22:15-20; 1 Kor 11:23-25)

22Xa babesitya, uYesu wathatha isonka, wabulela, wasiqhekeza, wabanika, wathi: “Thathani nitye; ngumzimba wam lo.”

23Wathatha nendebe, wabulela, wabanika, basela kuyo bonke.

24Wathi ke kubo: “Ligazi lam eli elitywina umnqophiso, eliphalazwa ngenxa yabaninzi.

25Ndithi kuni, inene, andiyi kuphinda ndisele kwincindi yomdiliya, kude kube yiloo mini ndiyisela intsha kwikomkhulu likaThixo. ”

26Bakuba becule indumiso, baphuma baya eNtabeni yemiNquma.

UYesu ulumkisa uPetros

© 1996 Bible Society of South Africa.

(Mat 26:31-35; Luka 22:31-34; Yoh 13:36-38)

27UYesu wathi kubo: “Ndiya kuba sisikhubekiso kuni nonke, kuba iziBhalo
zithi: ‘Ndiya kubulala umalusi, zichithakale iigusha!’

28Xa ke ndithe ndavuswa ekufeni, ndiya kunandulela ukuya kwelaseGalili.”

29Wathi ke uPetros kuye: “Nokuba baya kukhubeka bonke, mna andingekhe!”

30UYesu wathi kuye: “Ndithi kuwe, inene, namhlanje, kwangobu busuku,
ingekakhali kabini inkuku, uya kundikhanyela kathathu.”

31Kodwa yena waqokela wathi: “Noba kungade kufuneke ndife kunye nawe,
andingekhe ndikukhanyele!” Batsho ke bonke.

UYesu uthandaza eGetsemane

(Mat 26:36-46; Luka 22:39-46)

32Ke kaloku bafika kumhlatyana ogama liyiGetsemane; waza uYesu wathi
kubafundi bakhe: “Hlalani apha ngeli xa ndithandazayo.”

33Wahamba noPetros noYakobi noYohane, waza wangenwa luvalo,
wadandatheka kakhulu,

34wathi kubo: “Intliziyo yam ibuhlungu ukufa, iligazi. Hlalani apha nilinde.”

35Ehambele phambili umganyana ke, wawa emhlabeni, wathandazela ukuba
loo ndebe ikrakra idlule kuye ukuba kunokwenzeka.

36Wayesithi ke: “Bawo, wena akuxakwa nto. Yisuse kum le ntlungu. Noko ke,
makungabi kokuthandwa ndim, makube kukuthanda kwakho.”

37Wafika ke, wabafumana abo bafundi belele, wathi kuPetros: “Simon, ulele?
Ubungenakulinda na okweli thutyana?

38Lindani nithandaze, ukuze ningangeni ekuhendweni. Umoya wona okunene
unentumekelelo, ke wona umzimba ubuthathaka.”

39Wabuya wemka, waya kuthandaza kwangalawa mazwi.

40Wathi akubuya wabafumana belele, kuba babesoyiswa bubuthongo. Bona
ke baxakwa kukumphendula.

© 1996 Bible Society of South Africa.

41Wafika ke okwesithathu, wathi kubo: “Nisalele? Nisaphumla na? Kwanele!
Lifikile ixesha! Ngoku uNyana woLuntu unikelwa ezandleni zaboni.

42Vukani, sihambe! Nanko lowo undinikelayo.”

Ukubanjwa kukaYesu
(Mat 26:47-56; Luka 22:47-53; Yoh 18:3-12)

43Kwangoko, uYesu esathetha, wathi gqi uJudas ongomnye wabafundi
abalishumi elinambini, ehamba nendimbane inamakrele neentonga, iphuma
kubabingeleli abaziintloko nabachazi-mthetho namadoda amakhulu.

44Ke kaloku umngcatshi lowo wayebanike umqondiso esithi: “Lowo ndithe
ndamanga, nguye. Mbambeni, nimke naye angaphuncuki.”

45Efikile ke uJudas, uye kuYesu, wathi: “Mfundisi!” Wamanga.

46Bambamba ke uYesu,

47waza omnye wâbo babemi khona, warhola ikrele, wasixabela isicaka
sombingeleli omkhulu, wasinqumla indlebe.

48UYesu ke wathi kubo: “Niphumele ukuza kubamba mna, ninamakrele
neentonga nje, ngokungathi niphumele isihange?

49Bendinani imihla ngemihla ndifundisa endlwini kaThixo, naza
anandibamba. Kodwa kunje ukuze zizaliseke iziBhalo.”

50Emva koko ke babaleka bonke abafundi, bamshiya.

51UYesu wayelandelwa yindodana ethile, ithe wambu ingubo yelinen
kuphela. Yona yabanjwa,

52kodwa yasuka yayishiya ingubo leyo, yabaleka izé.

UYesu ephambi kombingeleli omkhulu
(Mat 26:57-68; Luka 22:54-55,63-71; Yoh 18:13-14,19-24)

53UYesu ke bamsa kumbingeleli omkhulu, baza babuthelana khona bonke
ababingeleli abaziintloko, namadoda amakhulu, nabachazi-mthetho.

© 1996 Bible Society of South Africa.

54Ke yena uPetros walandela uYesu ebekele kude, wada waya kungena
eyadini yomzi wombingeleli omkhulu, wahlala phantsi ndawonye nezicaka,
wotha umlilo.

55Ke ababingeleli abaziintloko nalo lonke iBhunga babefuna ubungqina
ngoYesu, ukuze bambulale, kodwa ababufumananga,

56kuba nangona babebaninzi ababethetha ubuxoki ngaye, ubungqina babo
babungahlangani.

57Basuka ke abathile bangqina ubuxoki ngaye, besithi:

58"Thina samva esithi: 'Mna ndiya kuyichitha le ndlu kaThixo yakhiwe
ngabantu, ndize ngeentsuku ezintathu ndakhe enye engakhiwanga ngabantu.'
"

59Kanti ke nobabo ubungqina babungadibani.

60Waphakama ke umbingeleli omkhulu, wabuza kuYesu esithi: "Phika,
watyholwa! Ithini impendulo yakho?"

61Kodwa yena wahlala wathi tu, akaphendula. Waphinda umbingeleli
omkhulu wambuza esithi: "Unguye na uKrestu, uNyana walowo
ungowokubongwa?"

62Wathi ke uYesu: "Ndinguye. Nangoku niya kumbona uNyana woLuntu,
ehleli ewongeni kwaSomandla, nimbone esiza ngamafu ezulu."

63Wazikrazula iingubo zakhe umbingeleli omkhulu, esithi: "Sisawafunelani na
amangqina?

64Nikuvile ukunyelisa kwakhe. Nithini na nina?" Bamgweba ke bonke ukuba
unetyala, besithi ufanele ukufa.

65Yaza ke inxenye yabo yamtshicela, yamgquma ubuso, yambetha, isithi
kuye: "Xela; ubethwe ngubani?" Nezicaka ke zamntlitha-ntlitha.

UPetros ukhanyela uYesu

(Mat 26:69-75; Luka 22:56-62; Yoh 18:15-18,25-27)

© 1996 Bible Society of South Africa.

66UPetros ke esezantsi eyadini yomzi, kweza kuye esinye kwizicakazana zombingeleli omkhulu.

67Sithi sona sakumbona uPetros esotha, samqwalasela, sathi: “Nawe ubunaye umNazarete uYesu.”

68Wakhanyela esithi: “Andazani konke nale nto uyithethayo!” Waphuma ke esiya ngasesangweni.

69Isicakazana eso siphinde sambona, saza sathi kwabo babemi khona: “Lo ngomnye wabo.”

70Waphinda ke wakhanyela uPetros. Kwathi, kwakuba mzuzwana, abo babemi khona baphinda bathi kuPetros: “Inene, ungomnye wabo, kuba ungowaseGalili.”

71Waza ke uPetros waziqalekisa efunga esithi: “Andimazi lo mntu nithetha ngaye!”

72Yakhala okwesibini inkuku. Walikhumbula uPetros ilizwi awayelithethe kuye uYesu, esithi: “Ingekakhali kabini inkuku, woba undikhanyele kathathu.” Woyisakala ke, walila.

UMarko 15

UYesu phambi koPilato

(Mat 27:1-2,11-14; Luka 23:1-5; Yoh 18:28-38)

1Kwakusa ke, ababingeleli abaziintloko benza isigqibo, benamadoda amakhulu nabachazi-mthetho neBhunga liphela. Bambopha ke uYesu, bemka naye, bamnikela kuPilato.

2UPilato wambuza esithi: “Unguye na ukumkani wamaJuda?” Waphendula yena wathi kuye: “Nawe utsho.”

3Bammangalela ke uYesu ngeendawo ezininzi ababingeleli abaziintloko.

4Waphinda uPilato wambuza esithi: “Akuphenduli nento le na? Khangela ukuba ninzi kwazo iindawo abakumangalela ngazo.”

5Noko ke uYesu akaphendulanga nento le, ngokokude amangaliswe uPilato.

© 1996 Bible Society of South Africa.

UYesu ugwetyelwa ukufa
(Mat 27:15-26; Luka 23:13-25; Yoh 18:39-19:16)

6Ke kaloku ngePasika uPilato wayedla ngokubakhululela umbanjwa abe mnye
– lowo ke babethi bamcele.

7Ke kwakukho mbanjwa uthile unguBharabha owayebanjwe kunye nabanye
abenzi besaqunge, ababebanjwe ngokubulala xa kwakukho isidubedube.

8Safika ke isihlwele, saza sacela ukuba uPilato enze ngokwesiqhelo.

9Waphendula uPilato esithi: “Nithanda ukuba ndinikhululele ukumkani
wamaJuda na?”

10Wayesazi ukuba ababingeleli abaziintloko bamnikele ngomona uYesu.

11Ke bona ababingeleli abaziintloko basifunza isihlwele ukuba sicele ukuba
asikhululele uBharabha, ingabi nguYesu.

12Waphinda wabuza uPilato, esithi: “Ndimthini na ke lowo nina nithi
ngukumkani wamaJuda?”

13Baphendula bekhwaza besithi: “Mbethelele emnqamlezweni!”

14Wathi ke kubo uPilato: “Kuba enze bubi buni na?” Kodwa kwaba kukhona
bankqangazayo, besithi: “Mbethelele emnqamlezweni!”

15UPilato ke, efuna ukusikholisa isihlwele, wamkhulula uBharabha, uYesu
yena wamnikela ukuba akatswe, abethelelwe emnqamlezweni.

Amajoni ahlekisa ngoYesu
(Mat 27:27-31; Yoh 19:2-3)

16Amajoni amsa uYesu ngaphakathi kweyadi yomzi werhuluneli, alibizela
ndawonye ibutho lawo liphela.

17Amambathisa ingubo ebomvu uYesu, athi, eluke isithsaba sameva, amthi
jize ngaso,

18aza akhahlela esithi: “Aa, kumkani wamaJuda!”

19Ambetha entloko ngengcongolo, amtshicela, akhahlela.

© 1996 Bible Society of South Africa.

[20]Athi ke akuba ehlekise ngaye, amhluba loo ngubo ibomvu, amambathisa kwaezakhe, aphuma naye esiya kumbethelela emnqamlezweni.

UYesu ubethelelwa emnqamlezweni
(Mat 27:32-44; Luka 23:26-43; Yoh 19:17-27)

[21]Amajoni ke anyanzela umntu othile, owayedlula evela emaphandleni, ukuba athwale umnqamlezo kaYesu. Lowo wayenguSimon waseKirene, uyise ka-Alesandire noRufo.

[22]Amsa ke uYesu endaweni ekuthiwa yiGolgota (oko kukuthi, xa kuguqulwayo, iNdawo yoKhakhayi).

[23]Apho ke amnika iwayini enesiyobisi, kodwa akavumanga ukuyisela.

[24]Ambethelela ke emnqamlezweni uYesu, aza abelana ngeengubo zakhe, esenza amaqashiso ngazo, ukuze othile athathe ethile.

[25]Ke kaloku kwakungentsimbi yethoba kusasa ukumbethelela kwabo emnqamlezweni.

[26]Phezulu emnqamlezweni kwakubhalwe ityala lakhe, kwathiwa: “UKumkani wamaJuda.”

[27]Kwakubethelelwe kunye naye eminqamlezweni izihange ezibini, esinye ngasekunene, esinye ngasekhohlo.

[[28]Kwazaliseka ke okubhalwe eziBhalweni kusithiwa: “Wabalelwa kwabachasene nomthetho.”]

[29]Abadlulayo babemnyelisa uYesu, behlunguzela iintloko, besithi: “Tshotsho! Wena uchitha indlu kaThixo, uyakhe ngeentsuku ezintathu,

[30]zisindise uhle emnqamlezweni!”

[31]Ngokukwanjalo nababingeleli abaziintloko babehlekisa ngaye, bezithethela bekunye nabachazi-mthetho, besithi: “Abanye wabasindisa, kodwa yena ngokwakhe akanako ukuzisindisa.

© 1996 Bible Society of South Africa.

32 UKrestu, uKumkani wakwaSirayeli, makehle kaloku emnqamlezweni, sibone, size sikholwe.” Kwanâbo babebethelelwe eminqamlezweni kunye naye babemenza isigculelo.

Ukufa kukaYesu
(Mat 27:45-56; Luka 23:44-49; Yoh 19:28-30)

33Ke kaloku ngentsimbi yeshumi elinambini emini, kwehla ubumnyama phezu kwawo wonke umhlaba, kwada kwayintsimbi yesithathu emva kwemini.

34Ngentsimbi yesithathu ke, uYesu wakhala ngezwi elikhulu, esithi: “Eloyi, Eloyi, lama sabaktani?” (Oko kukuthi xa kuguqulwayo: “Thixo wam, Thixo wam, undishiyeleni na?”)

35Ithe ke inxenye yababekho, yakukuva oko, yathi: “Yivani, ubiza uEliya.”

36Wabaleka omnye, wazalisa imfunxa ngewayini emuncu, wayibeka engcongolweni, wamseza, esithi: “Kahleni, khe sibone ukuba uEliya woza kumthula na.”

37UYesu ke wakhala ngezwi elikhulu, waphuma umphefumlo.

38Lathi ikhuselo legumbi elingcwele endlwini kaThixo lakrazuka kubini, kususela phezulu kuye ezantsi.

39Ekubonile ukufa kukaYesu, umphathi-butho wamajoni, owayemi malunga naye, wathi: “Inyaniso, lo mntu ebenguNyana kaThixo.”

40Kwakukho nabafazi, bekhangele bemgama. Kubo apho kwakukho uMariya waseMagadala, noMariya unina kaYakobi omncinci noYose, ekho noSalomi.

41Bona bâmlandela uYesu eseseGalili, bemlungiselela. Kwakukho nabanye abafazi abaninzi ababenyuke naye ukuya eJerusalem.

Ukungcwatywa kukaYesu
(Mat 27:57-61; Luka 23:50-56; Yoh 19:38-43)

42-43Kuthe ke kwakuba kuhlwile, kwafika uJosefu waseArimati. Yena wayelilungu elibekekileyo leBhunga, elulindele naye ulawulo lukaThixo. Ekubeni ke kwakuyimini yokulungiselela (oko kukuthi umhla ophambi

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

kowokuPhumla), yena waya kungena ngobuganga kuPilato, wawucela umzimba kaYesu.

44Wamangaliswa ke uPilato akuva ukuba uYesu selefile, waza wabiza umphathi-butho wamajoni, wambuza ukuba uYesu selenexesha na efile.

45Wathi ke, akuqonda kumphathi-butho lowo, wamnika uJosefu umzimba kaYesu.

46UJosefu ke, ethenge ilinen, wamthula uYesu, wamsongela kuyo, wambeka engcwabeni elalixholwe eliweni, waqengqela ilitye, walivala ingcwaba.

47Babona ke ooMariya waseMagadala noMariya unina kaYose apho wayebekwe khona uYesu.

UMarko 16

Ukuvuka kukaYesu

(Mat 28:1-8; Luka 24:1-12; Yoh 20:1-10)

1Ekupheleni koMhla wokuPhumla ooMariya waseMagadala noMariya unina kaYakobi, noSalomi, bathenga iziqholo, ukuze baye kuwuqhola umzimba kaYesu.

2Bona ke bathi, ukuthi chapha kwelanga, kusekusasa kakhulu ngeCawe, baya engcwabeni.

3Babethetha bodwa, besithi: “Ngubani na oya kusiqengqela ilitye lisuke engcwabeni?”

4Elo litye lalilikhulu kakhulu, baza bathi bakukhangela babona ukuba liqengqiwe lesuka engcwabeni.

5Bangena ke engcwabeni, babona indodana ehleli ngasekunene, izithe wambu ngengubo ende emhlophe, baza bamangaliswa.

6Yathi ke yona kubo: “Musani ukumangaliseka. Nifuna uYesu umNazarete, owayebethelelwe emnqamlezweni. Uvukile; akakho apha. Nantsi indawo abebembeke kuyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Hambani niye kubaxelela abafundi bakhe noPetros ukuba uyanandulela
ukuya kwelaseGalili. Nombona khona apho njengoko wayetshilo kuni.”

8Baphuma ke engcwabeni bebaleka, bengcangcazela besoyika. Abathetha nto
ke nakubani, kuba babesoyika.

UYesu uzibonakalisa kuMariya waseMagadala
(Mat 28:9-10; Yoh 20:11-18)

[9Ekuseni ngeCawe, akuba uYesu evukile ekufeni, wabonakala kuqala
kuMariya waseMagadala. Ke yena ngulo uYesu wayekhuphe iindimoni
ezisixhenxe kuye.

10UMariya ke waya kubaxelela abalandeli bakaYesu, ababekhedamile belila.

11Bona ke, bakuva ukuba uYesu uhleli, nokuba ukhe wabonwa nguMariya,
basuka àbakholwa.]

UYesu uzibonakalisa kubafundi ababini
(Luka 24:13-35)

[12Emva koko wabonakaliswa ngolunye uhlobo kubafundi ababini
ababehamba besiya emaphandleni.

13Kwanabo ke baya kubaxelela abanye abafundi, kodwa àbakholwa
nangabo.]

UYesu uzibonakalisa kubafundi abalishumi elinanye
(Mat 28:16-20; Luka 24:36-49; Yoh 20:19-23; Mseb 1:6-8)

[14Emva koko uYesu wazibonakalisa kubafundi abalishumi elinanye
besetafileni. Wabakhalimela ngenxa yokungakholwa kwabo nangenxa yokuba
lukhuni kweentliziyo zabo, kuba bengakholwa kubo abo babembonile
evukile.

15Wathi ke kubo: “Hambani niye kulo lonke ihlabathi, nizivakalise iindaba
ezimnandi kulo lonke elimiweyo.

16Lowo ukholwayo abhaptizwe wosindiswa; ke yena ongakholwayo
wogwetywa.

17Nantsi imiqondiso eya kulandelana nâbo bakholwayo: baya kuthi egameni
lam bakhuphe iindimoni; baya kuthetha ngeelwimi ezintsha;

© 1996 Bible Society of South Africa.

[18]baya kuziphatha ngesandla iinyoka; nokuba bathe basela into ebulalayo,
ayiyi kukha ibenzakalise; baya kuyibeka izandla imilwelwe, iphile.”]

UYesu unyuselwa ezulwini
(Luka 24:50-53; Mseb 1:9-11)

[[19]Emva kokuthetha nabo, iNkosi uYesu yanyuselwa ezulwini, yaya kuhlala
ewongeni kwaThixo.

[20]Ke bona abafundi bâya kushumayela kuzo zonke iindawo, iNkosi isebenza
kunye nabo, iwangqina amazwi abo ngemiqondiso.]

© 1996 Bible Society of South Africa.

ULuka

ULuka 1

Ingabula-zigcawu

1Tiyofilo ohloniphekileyo: Ekubeni abaninzi bezame ukulibhala ibali lezo
zinto zithe zenzeka phakathi kwethu,

2bebalisa oko sikuxelelweyo ngâbo bathe kwasekuqalekeni bazibona ngawabo
amehlo ezo zinto, baza baba ngabaququzeleli bezi ndaba,

3nam, mhlekazi, ndibone kulungile ukuba ndibhale ndikucwangcisele
ngokuthe ngqo, ekubeni sekulithuba elide nje ndiziphanda kakuhle ezi zinto.

4Ndenjenje ukuze uyazi ngokuphelelyo inyaniso yezinto ozifundisiweyo.

Ukuvakaliswa kokuzalwa kukaYohane umbhaptizi

5Ngemihla kaHerode, ukumkani wakwaJuda, kwakukho umbingeleli othile,
ogama linguZakariya, engoweqela lika-Abhiya. Umkakhe uElizabhete naye
wayeyintombi yombingeleli.

6Bobabini babengamalungisa, beyithobela imiyalelo nemimiselo yeNkosi,
bengenakusoleka.

7Babengenabantwana, kuba uElizabhete wayengazali; kananjalo bobabini
babesebaluphele.

8Ke kaloku uZakariya wayesemsebenzini wakhe wobubingeleli phambi
koThixo, kulithuba leqela lakhe.

9Kwênziwa amaqashiso ngokwesiqhelo sababingeleli, laza iqashiso laphuma
naye ukuba aqhumise ubulawu. Wangena ke endaweni engcwele yeNkosi,

10kukho inkitha yabantu ithandaza ngaphandle ngexesha lesiqhumiso.

11Kwabonakala isithunywa seNkosi kuye, simi ngasekunene kweqonga
lesiqhumiso.

12Wothuka uZakariya akusibona, wangenwa luloyiko.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Isithunywa eso sathi kuye: “Musa ukoyika, Zakariya. UThixo uwuvile umthandazo wakho. Umfazi wakho uElizabhete uya kuzala unyana. Uze umthiye igama elinguYohane.

14Ukuzalwa kwakhe kuya kukuphathela uvuyo nolonwabo, ize loo nto ibe luvuyo nakubantu abaninzi.

15Yena uya kubaluleka eNkosini, angaseli wayini nasiselo sinxilisayo, alawulwe nguMoya oyiNgcwele kwasekuzalweni kwakhe.

16Uya kubuyisela amaSirayeli amaninzi eNkosini uThixo wawo.

17Uya kuyibhulela umbethe iNkosi, enamandla njengoEliya, axolelanise uyise nomntwana,ababuyisele ebulungiseni abangevayo, alungiselele iNkosi abantu bayo.”

18UZakariya wathi kwisithunywa eso: “Ndiya kuyiqonda ngani le nto? Kaloku mna sendimdala, nomfazi wam selaluphele.”

19Saphendula ke isithunywa sathi kuye: “Mna ndinguGabriyeli oma phambi koThixo. Ndithunyiwe ukuba ndithethe nawe, ndikuxelele ezi ndaba zimnandi.

20Ngenxa yokuba ungakholwa ngamazwi am, uyabona, uya kuvaleka, ungabi nako ukuthetha, kude kube yiloo mini zenzeka ngayo ezi zinto. Kanti ke la mazwi aya kuzalisekiswa ngexesha lawo.”

21Abantu babemlindile uZakariya, bemangalisiwe kukulibala kwakhe endaweni engcwele.

22Uthe ke akuphuma engasenako ukuthetha, baqonda ukuba ubone umbono apho endaweni engcwele. Wathi, ekhohliwe kukuthetha, wamana enqwala.

23Lakuphela ixesha lokukhonza kweqela lakhe, uZakariya wagoduka.

24Emva koko uElizabhete umfazi wakhe wamitha, wazifihla iinyanga zade zantlanu,

© 1996 Bible Society of South Africa.

25wavakala esithi: “Kwenziwe yiNkosi oku. Ide yandenzela inceba, yaphelisa ukudeleka kwam phakathi kwabantu.”

Ukuvakaliswa kokuzalwa kukaYesu

26Ngenyanga yesithandathu isithunywa esinguGabriyeli sathunywa nguThixo kwelaseGalili, kwidolophu eyiNazarete,

27kwintombi eyayisendela kumfana wendlu kaDavide, ogama linguJosefu. Igama lentombi leyo lalinguMariya.

28Safika ke isithunywa kuye, sathi: “Bhota, wena ubabalweyo! INkosi inawe.”

29UMariya woyika akuweva la mazwi, waza wafuna engqondweni ukuba ngaba ngumbuliso mni na lo.

30Isithunywa ke sathi kuye: “Musa ukoyika, Mariya, kuba uThixo ukwenzela isisa.

31Uyabona, uza kumitha, uzale unyana, umthiye igama elinguYesu.

32Yena uya kuba mkhulu, abizwe ngokuba nguNyana kaPhezukonke. INkosi uThixo iya kummisela abe ngukumkani kwaDavide uyise,

33ayilawule indlu kaYakobi kude kube ngunaphakade, nolawulo lwakhe lungaze luphele. ”

34UMariya ke wathi kuso isithunywa: “Iya kwenzeka njani na loo nto, ndingazani nandoda nje?”

35Saphendula isithunywa sathi kuye: “UMoya oyiNgcwele uya kuhlela kuwe, athi amandla kaThixo uPhezukonke akufukamele. Kungoko loo mntwana ungcwele uya kuzalwa nguwe kuya kuthiwa nguNyana kaThixo.

36Uyabona, naye uElizabhete ozalana nawe, ukhawule unyana ebudaleni bakhe. Le yinyanga yesithandathu kuye, yena lowo bekusithiwa uludlolo.

37Kaloku akukho nanye into enokumnqabela uThixo. ”

38Wathi ke uMariya: “Ndim lo mna mkhonzazana weNkosi. Makwenzeke kum ngokwamazwi akho.” Saza semka isithunywa kuye.

© 1996 Bible Society of South Africa.

UMariya utyelela uElizabhete

39Ngaloo mihla wesuka uMariya, wasinga kweleentaba ngokukhawuleza,
esiya edolophini yakwaJuda;

40waya kungena endlwini kaZakariya, wafika wambulisa uElizabhete.

41Kwathi akuwuva uElizabhete umbuliso kaMariya, lwasuka lwaxhuma usana
esizalweni sakhe. Wafikelwa ke nguMoya oyiNgcwele uElizabhete,

42wadanduluka ekhwaza esithi: “Ungoyena usikelelweyo wena phakathi
kwabafazi! Nomntwana oya kuzalwa nguwe usikelelwe!

43Bendiyintoni na kakade, ukuba ndide ndihanjelwe ngunina weNkosi yam?

44Yaz' ukuba, kuthe ndakuwuva umbuliso wakho, lwasuka usana lwaxhuma
luvuyo esiswini sam.

45Unoyolo lowo ukholiweyo, kuba ilizwi elithunyelwe kuye yiNkosi liya
kuzaliseka.”

Umbongo kaMariya

46Wavakala uMariya esithi: “Umphefumlo wam uyayibonga iNkosi;

47ndaye ndigcobile ngoThixo uMsindisi wam;

48kuba wakuphawula ukuthobeka kwesicakazana sakhe. Ewe, ukususela
ngoku zonke izizukulwana zothi ndingonoyolo,

49kuba undenzele izinto ezinkulu uSomandla, yena ogama lakhe lingcwele,

50yena onceba yakhe ikwizizukulwana ngezizukulwana zâbo bamoyikayo.

51Wolule ingalo yakhe enamandla, wabachitha-chitha abanekratshi
ekuzicingeleni kwabo.

52Iinganga wazithoba kumawonga azo, waza abathobekileyo wabaphakamisa.

53Wahluthisa abalambileyo ngezinto ezilungileyo, wathi abazizityebi
wabandulula belambatha.

54Wamxhasa uSirayeli umkhonzi wakhe, akayilibala inceba yakhe

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

55awayethembise ngayo koobawo bethu, kuAbraham nakwinzala yakhe
ngonaphakade.”

56UMariya ke wahlala noElizabhete iinyanga ngathi zaba ntathu, waza
wagoduka.

Ukuzalwa kukaYohane umbhaptizi

57Lafika ke ixesha lokuba uElizabhete abeleke, waza wazala unyana.

58Bakuva abamelwane bakhe nezizalwana zakhe ngale nceba ingaka
ayenzelwe yiNkosi, bavuyisana naye.

59Kwathi ke ngomhla wesibhozo baya kumàlusa umntwana, befuna
ukumthiya ngoyise uZakariya.

60Kodwa unina wala, esithi: “Hayi, igama lakhe nguYohane!”

61Bona ke bathi kuye: “Lingekho nje eli gama kowabo!”

62Baza babhekisa kuyise ukuba yena unga angathiywa gama lini na.

63Wabiza icwecwana, wabhala wathi: “Igama lakhe nguYohane.” Baza
bamangaliswa bonke.

64Kwangoko lwacombuluka ulwimi lukaZakariya, wathetha ebonga uThixo.

65Bangenwa luloyiko ke bonke abamelwane, yaza le nto yonke yaba
ngundabamlonyeni kulo lonke eleentaba lakwaJuda.

66Bathi bonke abayivayo bayimilisela ezingqondweni, besithi: “Yaz'ba, uya
kuba yintoni na lo mntwana?” Kuba kaloku amandla eNkosi ayenaye.

Umbongo kaZakariya

67UZakariya uyise wazala nguMoya oyiNgcwele, watyibela wathi:

68“Mayibongwe iNkosi, uThixo kaSirayeli, kuba ibavelele yabakhulula abantu
bayo;

69kwaDavide isicaka sayo isivelisele uMsindisi otshatsheleyo.

70Nguwo lo umlomo wayo wamhla-mnene oweza ngabashumayeli bayo
abangcwele,

© 1996 Bible Society of South Africa.

71ithembisa ukusisindisa ezintshabeni zethu, nasesandleni sabo bonke abasithiyileyo;

72isithi yobenzela inceba oobawo bethu, iwukhumbule umnqophiso wayo ongcwele,

73isifungo eyasenzela uAbraham ubawo wethu,

74sokusihlangula ezintshabeni zethu, siyikhonze singenaxhala,

75ngobungcwele nangobulungisa phambi kwayo, yonke imihla yobomi bethu.

76Nawe ke, mntwana wam, wobizwa ngokuba ungumshumayeli kaThixo uPhezukonke, kuba uya kuyibhulela umbethe iNkosi, uyigabulele izigcawu.

77Wobazisa abantu beNkosi ngosindiso olungoxolelo lwezono zabo,

78kuba unenceba nemfesane uThixo wethu. Ngoko wosivelisela olilanga lasezulwini,

79ukuze akhanyisele abasebumnyameni nasethunzini lokufa, nokuze azikhokelele endleleni yoxolo iinyawo zethu.”

80Wakhula umntwana, waya esomelela ngokomelela. Wayehlala entlango kwada kwayimini yokubonakala kwakhe kumaSirayeli.

ULuka 2

Ukuzalwa kukaYesu Krestu
(Mat 1:18-25)

1Kwathi ngaloo mihla kwaphuma ummiselo kuKhesare Agasto othi lonke elimiweyo malibhalise.

2Olu bhaliso lokuqala lwabakho uKireniyo eyirhuluneli yaseSiriya.

3Babesithi ke bonke baye kubhalisa, elowo kweyakowabo idolophu.

4UJosefu ke waphuma kwelaseGalili, kwidolophu iNazarete, waya kwelakwaJuda, kwidolophu kaDavide eyiBhetelehem, kuba wayengowomlibo kaDavide.

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Wayesiya kubhalisa, enoMariya owayesendela kuye. Yena wayeselekhulelwe,

6kwaza kwathi belapho lafika ixesha lokubeleka kwakhe.

7Wamzala ke unyana wakhe wamazibulo, wamsongela eziqhiyeni, wamlalisa emkhumbini wesitali, kuba kwakungekho ndawo endlwini yabahambi.

Abelusi nezithunywa

8Kwakukho abelusi kwakweso sithili, behlala ezindle, belinda imihlambi yabo ebusuku.

9Babona isithunywa seNkosi simi ngakubo, bathi nobuqaqawuli beNkosi bababengezelela ngeenxa zonke. Baza boyika kakhulu.

10Isithunywa ke sathi kubo: “Musani ukoyika; kaloku ndinizisele iindaba ezimnandi zovuyo olukhulu oluya kuba kubo bonke abantu.

11Namhlanje, edolophini kaDavide, nizalelwe uMsindisi onguKrestu iNkosi.

12Nantsi into eyoba ngumqondiso kuni: nofumana usana lusongelwe eziqhiyeni, lulele emkhumbini wesitali.”

13Ngequbuliso kwabakho inkitha yezithunywa zezulu, ikunye nesithunywa eso, idumisa uThixo, isithi:

14“Makadunyiswe uThixo kweliphezulu, kube luxolo emhlabeni kubantu abamkholisayo.”

15Zakuba zimkile izithunywa, zisiya ezulwini, abelusi abo bathi omnye komnye: “Masihambe siye eBhetelehem, siyibone le nto ihlileyo, le siyazisiweyo yiNkosi.”

16Bakhawuleza ke baya, bafika kuMariya noJosefu, kwanalo usana lulele emkhumbini wesitali.

17Bathi bakuba bebonile, bawabhengeza amazwi awayethethwe kubo ngaye lo mntwana;

© 1996 Bible Society of South Africa.

18baza bonke abawevileyo bamangaliswa zezo zinto zazithethwa kubo
ngabelusi.

19Yena uMariya wazigcina zonke ezo zinto entliziyweni yakhe, wamana
ezetyisa.

20Abelusi ke babuyela emihlambini yabo, becula bedumisa uThixo ngenxa
yazo zonke izinto ababezivile bazifumana zinjengoko zazixeliwe.

UYesu usiwa endlwini kaThixo

21Akuba ntsuku zisibhozo umntwana ezelwe, kungumhla wokwaluswa
kwakhe, uthiywe igama elinguYesu, elo wayelithiyiwe sisithunywa sezulu
engekakhawulwa nokukhawulwa.

22Zakuba ke zifezekile iintsuku zokuhlanjululwa kwabo ngokomthetho
kaMosis, uJosefu noMariya benyuka naye uYesu, baya eJerusalem, ukuze
bamnikele eNkosini,

23njengoko kubhaliwe emthethweni weNkosi kwathiwa: “Yonke into eliduna
eyeyamazibulo mayinikelwe eNkosini.”

24Babesiya kwenza nomnikelo, njengoko kusitshiwo emthethweni weNkosi
ukuthi: “Makunikelwe ngesibini samahobe, nokuba ngamathole amabini
evukuthu.”

25EJerusalem apho kwakukho umntu ogama linguSimon.Wayelilungisa,
emhlonela uThixo, elindele ukuthuthuzelwa kwamaSirayeli, enefuthe
likaMoya oyiNgcwele.

26Wayetyhilelwe nguMoya oyiNgcwele ukuba akayi kufa engekamboni
uKrestu weNkosi.

27Waya endlwini kaThixo, ethunywa nguMoya. Kwathi ke, akungeniswa
uYesu ngabazali bakhe, befezekisa umthetho,

28uSimon wamfunqula, wabonga uThixo, wathi:

29“Nkosi, ngokwesithembiso sakho, uyasikhulula ngoku isicaka sakho
sinoxolo,

© 1996 Bible Society of South Africa.

30kuba amehlo am alubonile usindiso lwakho,

31olulungiselele bonke abantu,

32ulukhanyiso lokukhanyisela iintlanga, lubalula abantu bakho amaSirayeli.”

33Abazali bakhe bamangaliswa zezo zinto zithethwayo ngoYesu.

34USimon wabasikelela, wathi kuMariya unina: “Uyabona, lo Mntwana umiselwe ukuwa nokuvuka kwabaninzi kwaSirayeli, nokuba abe ngumqondiso ochasiweyo,

35ze ngale nkcaso kutyhileke iingcamango zabaninzi. Kanti ke nowakho umphefumlo uya kubindeka.”

36Kwalapho kwakukho nentokazi eyayingumshumayeli, uAna, intombi kaFanuweli wendlu ka-Ashere. Wayeselaluphele kakhulu. Akuba endile, uhleli iminyaka esixhenxe kuphela kunye nendoda yakhe,

37waza waphila de waba minyaka imashumi asibhozo anane engumhlolokazi. Wayengapheli endlwini kaThixo, ekhonza uThixo ngokuzila ukutya nangokuthandaza ebusuku nasemini.

38Wasondela ke ngelo lixa uAna, wathelela ekudumiseni uThixo. Wayethetha ngoMntwana lowo kubo bonke ababelindele ukukhululwa kweJerusalem.

39Bakuba ke bezifezekisile zonke izinto ngokomthetho weNkosi, babuyela eNazarete, idolophu yakowabo kwelaseGalili.

UYesu phakathi kwabafundisi

40Ke kaloku uYesu wakhula, waya esomelela, enobulumko obukhulu, ubabalo lukaThixo lunaye.

41Abazali bakhe babehambela eJerusalem minyaka le, besiya kwitheko lePasika.

42Kuthe ke xa uYesu wayeminyaka ilishumi elinambini ezelwe, baya ePasikeni eJerusalem ngokwesiqhelo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

43Zakuba zigqithile iintsuku zelo theko, bagoduka, kanti uYesu usele
eJerusalem. Phofu babengaqondi abazali bakhe.

44Babeba usemxukuxeleni wabahambi, baza bahamba uhambo lwamini-nye.
Bamana bemfuna ke phakathi kwezizalwane nabazana nabo.

45Bathe bakungamfumani babuyela eJerusalem bemfuna.

46Kwathi ke emva kweentsuku ezintathu bamfumana endlwini kaThixo, ehleli
nabafundisi, ebaphulaphula, ebabuza nokubabuza.

47Bonke abamváyo babemangalisiwe yingqondo yakhe naziimpendulo zakhe.

48Abazali bakhe bakumbona bathi manga, unina wathi kuye: “Mntanam, yini
na ukuba usenjenje? Uyabona, uyihlo nam besikufuna sixhalabile.”

49Wathi kubo uYesu: “Benindifunela ntoni na? Beningazi na ukuba ndimelwe
kukuba sendlwini kaBawo?”

50Ke bona abayiqondanga into awayeyithetha kubo.

51Wahamba nabo, waya kufika eNazarete. Wayebalulamela abazali bakhe.
Wazigcina unina ezo zinto entliziyweni yakhe.

52UYesu ke wakhula ngesithomo nangobulumko, ebabalwa nguThixo,
ethandwa ngabantu.

ULuka 3

Ukushumayela kukaYohane umbhaptizi

(Mat 3:1-12; Marko 1:1-8; Yoh 1:19-28)

1Ke kaloku ngomnyaka weshumi elinantlanu elawula uTibheriyo Khesare,
inguPontiyo Pilato irhuluneli kwelakwaJuda, inguHerode olawula
kwelaseGalili, umntakwabo uFilipu elawula kwelaseJitureya nelaseTrakoniti,
inguLisaniyo olawula kwelaseAbhilene,

2ngemihla yababingeleli abakhulu ooAnas noKayafa, lafika ilizwi likaThixo
kuYohane, unyana kaZakariya, entlango.

3Yena ke wayewujikeleza wonke ummandla weJordan, eshumayela esithi
abantu mabaguquke, babhaptizwe, aze uThixo abaxolele izono zabo;

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4njengoko kubhaliweyo kwincwadi yomshumayeli uIsaya kusithiwa:
“Kuvakala ilizwi lodandulukayo entlango, lisithi: “ ‘Yilungiseleleni indlela
iNkosi, niyihlahlele umgaqo wayo.

5Mayiditywe yonke imifula, zidilizwe zonke iinduli neentaba. Mazenziwe
zithi tye iindawo ezigoso, ziletyelwe ezinamatye.

6Bonke abantu baya kulubona usindiso oluvela kuThixo.’ ”

7Ke kaloku izihlwele zaziphuma ziye kubhaptizwa nguYohane. Wayesithi
kuzo: “Nzalandini yamarhamba, ngubani lo unilumkisileyo ukuba niyibaleke
ingqumbo ezayo?

8Ke ngoko yenzani izinto ezibonakalisa inguquko. Ze ningafane nithi:
‘Siyinzala ka-Abraham.’ Ndiyanixelela mna, uThixo unako ngawo la matye
ukumvelisela abantwana uAbraham.

9Kanti ke lona izembe selikulungele ukuyinqumla ezingcanjini imithi. Ngoko
ke wonke umthi ongavelisi siqhamo sihle uyagawulwa utshiswe.”

10Izihlwele zazimbuza zisithi: “Masithini ke ngoko?”

11Waphendula wathi kuzo: “Lowo uneengubo ezimbini makanike ongenáyo.
Nalowo unokutya makenjenjalo.”

12Abaqokeleli-rhafu beza kubhaptizwa, bathi kuye: “Mfundisi, masithini na?”

13Wathi kubo: “Ningabizi ngaphezu kwenikumiselweyo.”

14Namajoni ayebuza kuye esithi: “Masithini thina?” Wathi kuwo:
“Ningaphangi mntu ngogonyamelo okanye ngobuxoki. Yanelani yimivuzo
yenu.”

15Ke kaloku lavuseleleka ithemba ebantwini, becamanga bonke ezintliziyweni
zabo ngaye uYohane, ukuba akangebi nguye na uKrestu.

16UYohane ke wabaphendula esithi: “Mna okunene ndinibhaptiza ngamanzi,
kodwa uyeza onamandla kunam. Andikufanelanga ukukhulula nemitya le
yezihlangu zakhe. Yena uya kunibhaptiza ngoMoya oyiNgcwele nangomlilo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Ingobozi isesandleni sakhe. Uya kukwela kuthi tu okusesandêni, ayigalele
kuvimba ingqolowa. Ke wona umququ uya kuwutshisa ngomlilo
ongacimiyo.”

18UYohane wayeyala ekhuthaza nangezinye izinto ezininzi, eshumayela
iindaba ezimnandi ebantwini.

19UHerode, umlawuli waseGalili, wakhalinyelwa nguYohane ngenxa
yokungena uHerodiya, umka-mninawe wakhe, nangazo zonke ezinye izinto
ezimbi awayezenzile.

20Suka ke yena uHerode wavalela uYohane lowo entolongweni.

Ukubhaptizwa kukaYesu
(Mat 3:13-17; Marko 1:9-11)

21Ke ekubhaptizweni kwento eninzi yabantu, noYesu ebhaptiziwe, kwathi
ethandaza, lavuleka izulu,

22wehlela phezu kwakhe uMoya oyiNgcwele enembonakalo yehobe.
Kwavakala nezwi livela ezulwini, lisithi: “UnguNyana wam endimthandayo
wena; ndikholisiwe nguwe!”

Umlibo wokuzalwa kukaYesu
(Mat 1:1-17)

23Ukuqala kwakhe ukufundisa uYesu wayemalunga neminyaka emashumi
mathathu ezelwe. Kwakusithiwa ungunyana kaJosefu, kaEli,

24kaMatati, kaLevi, kaMeleki, kaJana, kaJosefu,

25kaMatatiya, ka-Amos, kaNahum, kaHesli, kaNagayi,

26kaMathi, kaMatatiya, kaShimeyi, kaYoseki, kaJoda,

27kaYohanan, kaResha, kaZerubhabheli, kaShalatiyeli, kaNeri,

28kaMeleki, ka-Adi, kaKosam, kaElmadam, kaEre,

29kaYoshuwa, kaEliyezere, kaYorim, kaMatati, kaLevi,

30kaSimon, kaJuda, kaJosefu, kaJonam, kaEliyakim,

31kaMaleya, kaMina, kaMatata, kaNatan, kaDavide,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

32kaJese, kaObhedi, kaBhowazi, kaSalman, kaNashon,

33ka-Aminadabhi, ka-Admin, ka-Arni, kaHezeron, kaPerezi, kaJuda,

34kaYakobi, kaIsake, ka-Abraham, kaTera, kaNahore,

35kaSeruki, kaRewu, kaPelege, kaHebhere, kaShela,

36kaKenan, ka-Arpakishadi, kaShem, kaNowa, kaLameki,

37kaMethusela, kaInoki, kaJerede, kaMahalaleli, kaKenan,

38kaEnoshe, kaSete, ka-Adam, kaThixo.

ULuka 4

Ukulingwa kukaYesu

(Mat 4:1-11; Marko 1:12-13)

1UYesu wabuya eJordan ezele nguMoya oyiNgcwele, wajikeleza entlango ekhokelwa nguMoya

2iintsuku ezimashumi mane, elingwa ngumtyholi. Akatyanga nto ngezo ntsuku, waza walamba ekupheleni kwazo.

3Ke umtyholi wathi kuye: “Ukuba unguye uNyana kaThixo, yitsho eli litye libe sisonka.”

4UYesu wamphendula esithi: “ IziBhalo zithi: ‘Umntu akaphili ngasonka sodwa.’ ”

5Ke umtyholi wamnyusela endaweni ephakamileyo uYesu, wathi ngexeshana elingephi wambonisa onke amazwe ezikumkani zehlabathi;

6wathi kuye: “Ndokunika igunya kuwo onke, ndikuphe nobutyebi bawo, kuba konke oko kokwam, kwaye ndikunika lowo sukuba ndithanda ukumnika.

7Ke ngoko, ukuba uthe wandinqula, zonke ezo zinto zoba zezakho.”

8UYesu wamphendula wathi: “IziBhalo zithi: ‘Uze unqule iNkosi uThixo wakho, ukhonze yona yodwa.’ ”

9Umtyholi ke waya noYesu eJerusalem, wammisa phezu kwendlu kaThixo, wathi kuye: “Ukuba unguye uNyana kaThixo, ziphose ezantsi phaya;

© 1996 Bible Society of South Africa.

10kuba iziBhalo zithi: ‘UThixo uya kuziwisela umthetho ngawe izithunywa
zakhe, ukuze zikugcine.’

11Kananjalo kuthiwa: ‘Ziya kukufunqula, hleze ukhubeke elityeni.’ ”

12Waphendula uYesu wathi kuye: “IziBhalo zithi: ‘Uze ungayilingi iNkosi
uThixo wakho.’ ”

13Akupheza umtyholi ukulinga uYesu, wemka okwexeshana.

UYesu ufundisa eGalili
(Mat 4:12-17; Marko 1:14-15)

14UYesu ke, esemandleni kaMoya oyiNgcwele, wabuyela kwelaseGalili, lwaza
udumo lwakhe lwavakala kuwo wonke loo mmandla.

15Wayefundisa ezindlwini zesikhungo, enconywa ngabo bonke.

Ukudelwa kukaYesu eNazarete
(Mat 13:53-58; Marko 6:1-6)

16UYesu ke waya kufika eNazarete, apho wayekhulele khona, wathi
ngokwesiqhelo sakhe wangena endlwini yesikhungo ngoMhla wokuPhumla.
Waphakama ke ukuba afunde;

17waza wanikwa incwadi yomshumayeli uIsaya, watyhila le ndawo ithi:

18“UMoya weNkosi undongamele, ngoko ke indithambisile; indalathele
ukushumayela iindaba ezimnandi kwabasweleyo. Yandithuma ukuvakalisa
inkululeko kubathinjwa, nokubuyisela ukubona kwabaziimfama,
ndibandululè bekhululekile abacinezelweyo,

19ndivakalisè unyaka wokuthululwa kwenceba yeNkosi.”

20Eyisongile incwadi uYesu, wayibuyisela kwisicaka, wahlala phantsi. Amehlo
abo bonke ababesendlwini yesikhungo ayondele kuye;

21waza wathi kubo: “Namhlanje esi siBhalo sizalisekisiwe phambi kwenu.”

22Babemncoma, bonke bemangalisiwe ngamazwi amnandi awathethayo,
besithi: “He bethu, lo mntu asinguye na unyana kaJosefu?”

© 1996 Bible Society of South Africa.

23UYesu ke wathi kubo: “Eneneni niya kulibhekisa kum eli qhalo lithi:
‘Gqirha, ziphilise;’ nize nithi: ‘Nakowenu apha yenza okungangoko sive
ukuba ukwenzile eKapernahum.’ ” Wathi ke:

24“Ndithi kuni, inene, akukho mshumayeli wamkelekileyo kowabo.

25Enyanisweni babebaninzi abahlolokazi kwaSirayeli ngemihla kaEliya, oko
lalibalele iminyaka emithathu eneenyanga ezintandathu, kukho indlala
enkulu kulo lonke ilizwe.

26Kanti ke uEliya zange athunywe nakumnye kubo; kuphela wathunywa
kumhlolokazi waseSarfati kwelaseSidon.

27Kananjalo babebaninzi abaneqhenqa kwaSirayeli ngemihla yomshumayeli
uElisha; kanti ke akuhlanjululwanga namnye kubo ngaphandle koNahaman
umSiriya.”

28Bakuziva ezi zinto bacaphuka bonke ababesendlwini yesikhungo,

29besuka bamkhupha edolophini uYesu, bamsa phezu kweliwa eyayakhelwe
phezu kwalo idolophu yabo, ukuze bamphose ezantsi.

30Kodwa yena wacanda phakathi kwabo, wemka.

Ukuphiliswa konendimoni
(Marko 1:21-28)

31Wehla ke uYesu waya eKapernahum, idolophu yelaseGalili, wathi khona
apho ngoMhla woPhumlo wafundisa abantu.

32Bamangaliswa kukufundisa kwakhe, kuba wayefundisa ngegunya.

33Ke endlwini yesikhungo apho kwakukho umntu ophethwe yindimoni.

34Yena ke wabhomboloza, ekhala esithi: “Kwowu! Ufuna ntoni kuthi, Yesu
waseNazarete? Ngaba uze kusitshabalalisa? Ndiyakwazi ukuba ungubani na;
ungoyiNgcwele kaThixo!”

35UYesu wayikhalimela loo ndimoni, esithi: “Yithi tu, uphume kuye!” Yasuka
indimoni yamkhahlela phantsi phambi kwabo, yaza yaphuma
ingamenzakalisanga.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

36Bamangaliswa bonke abantu, babuzana besithi: “He bethu, mhlola mni lo?
Lo mntu ukhalima nje ngelizwi, zitsho ziphume iindimoni!”

37Zatsho zaduma ke iindaba ngoYesu kuwo wonke loo mmandla.

Ukuphiliswa kwabaninzi
(Mat 8:14-17; Marko 1:29-34)

38Waphuma ke uYesu endlwini yesikhungo, waya kungena endlwini kaSimon.
Ke umkhwekazi kaSimon wayephethwe yifiva ngamandla, baza ke baxelela
uYesu ngaye.

39Yena waya kuma ngakuye, wayikhalimela ifiva, waza wachacha. Wavuka
kwangoko ke, wabalungiselela ukutya.

40Kwathi ukutshona kwelanga, bonke abo babenabagula zizifo ngezifo
babazisa kuYesu. Yena wababeka izandla bonke ngabanye, wabaphilisa.

41Neendimoni zaziphuma kwabaninzi, zikhala zisithi: “Wena unguye uNyana
kaThixo.” Wayezikhalimela iindimoni ezo, engazivumeli ukuba zithethe,
kuba zazisazi ukuba yena unguye uKrestu.

Ukushumayela kukaYesu kwelakwaJuda
(Marko 1:35-39)

42Wasuka uYesu wemka waya endaweni engenabantu. Izihlwele zazimfuna,
zathi zakumfumana, zazama ukuba angemki kuzo.

43Wathi kuzo: “Ndimelwe kukuba ndishumayele iindaba ezimnandi zolawulo
lukaThixo nakwezinye iidolophu, kuba yinto endithunywe yona leyo.”

44Wayeshumayela ke ezindlwini zesikhungo zelakwaJuda.

ULuka 5

Ukubizwa kwabafundi bokuqala
(Mat 4:18-22; Marko 1:16-20)

1Ke kaloku uYesu xa wayemi ngakuLwandle lwaseGenesarete, izihlwele
zimxinile, zisiza kuva ilizwi likaThixo,

2wabona izikhitshana ezibini ziselunxwemeni. Abalobi babephumile kuzo,
behlamba iminatha.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

3Wathi ke, engene kwesinye isikhitshana esasisesikaSimon, wamcela ukuba
akhe ashenxe kancinane elunxwemeni. UYesu ke wazifundisa izihlwele ehleli
esikhitshaneni.

4Akugqiba ukuthetha, wathi kuSimon: “Yiyani phakathi enzulwini, nihlise
iminatha yenu, nibambise.”

5Waphendula uSimon wathi kuye: “Mhlekazi, sibulaleke ubusuku bonke,
asabamba nento le; kodwa ngokutsho kwakho ndiya kuwuhlisa umnatha.”

6Bathi bakwenjenjalo, babambisa inkitha yeentlanzi, kangangokuba
waphants' ukuqhaqheka umnatha wabo.

7Baza bakhweba abalingane babo ababekwesinye isikhitshana, ukuba beze
kubancedisa. Beza ke, bazizalisa zozibini izikhitshana, zada zaphants'
ukutshona.

8Ekubonile okwenzekileyo, uPetros waguqa phambi koYesu, wathi: “Mka
kum, Nkosi, kuba ndiyindoda engumoni.”

9Yena nabo bonke ababenaye babemangalisiwe lolo banjiso lungako
lweentlanzi.

10Babemangalisiwe noYakobi noYohane, oonyana bakaZebhedi,
ababengabalingane bakaSimon. UYesu ke wathi kuSimon: “Ungoyiki.
Ukususela namhlanje uya kuba ngumlobi wabantu.”

11Bakuba ke bezitsalele elunxwemeni izikhitshana, bashiya into yonke,
balandela uYesu.

Ukuphiliswa koneqhenqa
(Mat 8:1-4; Marko 1:40-45)

12Kwathi uYesu ekwidolophu ethile kwafika indoda ithe gqume liqhenqa. Le
ndoda ke, yakumbona uYesu, yawa ngobuso phambi kwakhe, yambongoza
isithi: “Nkosi, ndiyazi ukuba unako ukundihlambulula, ukuba uyathanda.”

13Wasolula uYesu isandla, wayichukumisa, esithi: “Ndiyathanda;
hlambuluka.” Kwangoko laphela kuyo iqhenqa.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14UYesu ke wayiyala esithi mayingaxeleli bani, waza wathi: “Hamba uye
kuzibonisa kumbingeleli, wenze umnikelo ngezo zinto wazimiselayo uMosis,
ube bubungqina bokuhlanjululwa kwakho.”

15Kwaba kukhona ke uYesu angundabamlonyeni; kwaza kwabuthelana
isihlwele esikhulu, sisiza kumphulaphula nokuphiliswa nguye kwizifo
ngezifo.

16Ke yena uYesu wayemana ukuya esiguqweni ngasese, athandaze.

Ukuphiliswa kofe umzimba
(Mat 9:1-8; Marko 2:1-12)

17Kwathi ngamini ithile uYesu efundisa, kwafika abaFarasi nabachazi-
mthetho, bephuma kuzo zonke iindolophu zelaseGalili nelakwaJuda,
naseJerusalem. Amandla eNkosi ayekho kuye, ephilisa.

18Nako ke kufika amadoda ethwele ngokhuko umntu ofe umzimba, efuna
ukumngenisa endlwini, ambeke phambi koYesu.

19Exakiwe kukumngenisa ngenxa yokuxinana kwesihlwele, akhwela phezu
kwendlu, aqhaqha uphahla, amhlisa ngokhuko, ambeka phakathi, phambi
koYesu.

20Akulubona uYesu ukholo lwawo, wathi kofe umzimba: “Mfondini, izono
zakho zixolelwe.”

21Baza abachazi-mthetho nabaFarasi bathetha bodwa besithi: “Yini na ukuba
lo mntu anyelise ngolu hlobo? Ngubani kakade onako ukuxolela izono
ngaphandle koThixo?”

22UYesu ke, ezazi iingcamango zabo, wabaphendula wathi kubo: “Yini na
ukuba nibe nezi ngcamango ezintliziyweni zenu?

23Okukona kulula kukuphi? Kukho ukuthi: ‘Izono zakho zixololwe,’ kukho
nokuthi: ‘Vuka uhambe’?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

24Ke ukuze nazi ukuba yena uNyana woLuntu unalo igunya lokuxolela izono
emhlabeni apha – úthi kofe umzimba – ndithi kuwe: ‘Vuka, uthathe ukhuko
lwakho, uhambe ugoduke!’ ”

25Waphakama kwangoko bemjongile, waluthatha ukhuko abelele kulo,
wagoduka ebulela uThixo.

26Bamangaliswa ke bonke, bamdumisa uThixo, besoyika kakhulu, besithi:
“Sibone umhlola namhlanje.”

Ukubizwa kukaLevi
(Mat 9:9-13; Marko 2:13-17)

27Emva koko uYesu waphuma, waza wabona umqokeleli-rhafu, ogama
linguLevi, ehleli eofisini yerhafu; wathi kuye: “Ndilandele.”

28Washiya konke ke, wamlandela.

29ULevi ke wamenzela isidlo esikhulu uYesu endlwini yakhe. Kweso sidlo
kwakukho iqela elikhulu labaqokeleli-rhafu nabanye abantu.

30Ke abaFarasi nabachazi-mthetho babebakrokrela abafundi bakaYesu,
besithi: “Yini na ukuba nitye nisele kunye nabaqokeleli-rhafu naboni?”

31Wabaphendula uYesu esithi: “Ugqirha akafuneki nganto kwabaphilileyo,
ufuneka kwabagulayo.

32Andizanga kubiza malungisa, ndize kubiza aboni, ukuba baguquke.”

Ukuzila ukutya
(Mat 9:14-17; Marko 2:18-22)

33Ke kaloku abantu abathile bathi kuYesu: “Kutheni na ukuba abafundi
bakaYohane nababaFarasi basoloko bezila ukutya, bethandaza, kanti bona
abakho bayatya basele?”

34UYesu ke wathi kubo: “Ngaba abakhaphi bomyeni ninokubazilisa na ukutya
umyeni esenabo?

35Hayi, kodwa yofika yona imini yokuba umyeni asuswe kubo. Ngaloo mini
ke baya kukuzila ukutya.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

36Ke kaloku uYesu wathetha umzekeliso kubo, esithi: “Akukho mntu uthatha
isiziba kwisambatho esitsha asithungele kwesidala, hleze asonakalise
isambatho esitsha, sibe isiziba eso singasilungeli nesidala.

37Kananjalo akukho mntu uyitha kwiimvaba ezindala iwayini entsha
engekabili; kuba, ukuba uthe wenjenjalo, iwayini leyo yobila, izigqabhuze
iimvaba, ichitheke, zonakale nezo mvaba.

38Iwayini engekabili mayithiwe kwiimvaba ezintsha.

39Kananjalo akukho mntu uthi, esele iwayini endala, athande nengekatsali,
kuba uthi: ‘Endala inencasa!’ ”

ULuka 6

Imfundiso kaYesu malunga noMhla woPhumlo

(Mat 12:1-8; Marko 2:23-28)

1Kwathi uYesu ecanda emasimini ngoMhla woPhumlo, abafundi bakhe bakha
izikhwebu zengqolowa, bazichuba, batya.

2Ke abathile bakubaFarasi bathi kubo: “Kungani na ukuba nenze
okungavumelekanga ngoMhla wokuPhumla?”

3Waphendula uYesu wathi: “Anizange nikufunde na oko wakwenzayo
uDavide mhla walamba yena neqela lakhe?

4Kaloku wangena endlwini kaThixo, wazithatha wazitya izonka ezazinikelwe
kuThixo, wanika neqela lakhe. Kanti ke ngokomthetho ezo zonka azimelwe
kutyiwa ngabangengobabingeleli. ”

5Waza ke wathi kubo: “UNyana woLuntu uyiNkosi yawo noMhla woPhumlo.”

Ukuphiliswa kowome isandla

(Mat 12:9-14; Marko 3:1-6)

6Ngomnye uMhla woPhumlo uYesu wangena endlwini yesikhungo wafundisa.
Apho kwakukho umntu owome isandla sokunene.

7Babemlalele abachazi-mthetho nabaFarasi, befuna ukubona ukuba wophilisa
na ngoMhla woPhumlo, khon' ukuze bafumane isizathu sokummangalela.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8UYesu ke wayezazi iingcamango zabo, waza wathi kuloo mntu wayome
isandla: “Phakama, uze ngaphambili.” Waphakama ke, wema apho.

9Waza wathi uYesu: “Ndixeleleni: okuvumelekileyo ngoMhla wokuPhumla
kukwenza okulungileyo, okanye kukwenza okubi; kukuphilisa umntu, okanye
kukubulala, kusini na?”

10Akuba ebasingasingile bonke, wathi kuloo mntu: “Solule isandla sakho.”
Wenjenjalo ke, saza saphila isandla sakhe.

11Basuka ke bona bajwaqeka ngumsindo, bebuzana bodwa ukuba
bangamthini na uYesu.

Ukunyulwa kwabafundi abalishumi elinambini
(Mat 10:1-4; Marko 3:13-19)

12Kwathi ngaloo mihla uYesu waphuma, wasinga entabeni, esiya kuthandaza.
Wachitha ubusuku bonke ezibika kuThixo.

13Kwakusa wababizela kuye abafundi bakhe, wanyula kubo balishumi
elinambini, awababiza ngelokuba ngabathunywa.

14Yayingâba: USimon, awamthiya ngelokuba nguPetros, noAndreya
umntakwabo; uYakobi noYohane; uFilipu noBhartolomeyu;

15uMatewu noTomas; uYakobi, lo ka-Alifeyu, noSimon ekuthiwa liTsha-
ntliziyo;

16uJudas kaYakobi, noJudas Sikariyoti, owaba ngumngcatshi.

UYesu uyafundisa aphilise
(Mat 4:23-25)

17UYesu wehla nabo entabeni, wema endaweni ethe tyaba, eneqela elikhulu
labafundi bakhe, nenkitha enkulu yabantu, bevela kulo lonke elakwaJuda,
naseJerusalem, nakuwo ummandla ongaselwandle ojikeleze iTire neSidon,

18beze kumphulaphula nokuba abaphilise kwizifo zabo.

19Yonke loo nkitha yabantu yayifuna ukumchukumisa, kuba wayenamandla
okuphilisa, bephila bonke.

Iintsikelelo neziqalekiso

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

(Mat 5:1-12)

20UYesu ebakhangele abafundi bakhe, wathi: “Hayi uyolo lwenu, nina basweleyo, kuba nilawulwa nguThixo!

21Hayi uyolo lwenu, nina balambayo ngoku, kuba niya kuhlutha! Hayi uyolo lwenu, nina balilayo ngoku, kuba niya kuhleka!

22“Hayi uyolo lwenu xa abantu bathe banithiya ngenxa yakhe uNyana woLuntu, benigxotha, beningcikiva, benihlamba okwabancanyiweyo.

23Ze nivuye ngaloo mini, nisuke imitsi; kuba ngenene umvuzo wenu mkhulu ezulwini. Kaloku babesenjenjalo ooyise kubo abashumayeli bamandulo.

24“Kodwa mawoo, nina zityebi! Senilufumene ulonwabo lwenu nina kaloku.

25Mawoo, nina bahluthayo ngoku! Nina niya kulamba. Mawoo, nina bahlekayo ngoku! Niya kukhedama nilile nina.

26“Kunyembelekile xa bathe bathetha kakuhle ngani bonke abantu! Kaloku babesenjenjalo ooyise kubashumayeli abaxokayo.”

Zithandeni iintshaba zenu

(Mat 5:38-48; 7:12a)

27“Ke mna ndithi kuni, nina nindivayo: Zithandeni iintshaba zenu, nibenzele okulungileyo abo banithiyileyo.

28Basikeleleni abo baniqalekisayo, nibathandazele abo banigxekayo.

29Lowo ukubetha esidleleni, mnike nesinye. Okohlutha isivatho sakho sangaphezulu, ungamaleli nesangaphantsi.

30Bonke abacela kuwe, baphe. Kothatha izinto zakho uzungabuye uzibize.

31Benzeleni okulungileyo abanye abantu ngolo hlobo ninga banganenzela ngalo okulungileyo.

32“Ukuba nithanda abo banithandayo bodwa, ninanzuzoni? Kaloku naboni bayabathanda abo babathandayo!

33Xa nithi nenze okulungileyo kwabanenzela okulungileyo bodwa, ninanzuzoni? Kaloku naboni benza kwaloo nto!

© 1996 Bible Society of South Africa.

34Xa nithi niboleke abo nithembe ukubuyiselwa ngabo bodwa, ninanzuzoni?
Kaloku naboni bayabolekana, ukuze babuyiselane.

35Ke nina, zithandeni iintshaba zenu, nenze okulungileyo; niboleke
ningathembanga mbuyiselo. Woba mkhulu ke umvuzo wenu, nibe ngoonyana
bakaThixo uPhezukonke, kuba yena unobubele kwabangabuleliyo
nabakhohlakeleyo.

36Ngoko ke yibani nenceba, njengokuba naye uYihlo enenceba."

Musani ukugweba
(Mat 7:1-5)

37"Musani ukugweba; nani ke aniyi kugwetywa nguThixo. Musani ukugxeka;
nani ke aniyi kugxekwa nguThixo. Xolelani; nani ke niya kuxolelwa
nguThixo.

38Yiphani; nani ke niya kuphiwa nguThixo. Ewe, nophiwa isabelo esihle,
esipheleleyo, esigalelwa engubeni yenu. Indlela enabela abanye ngayo, nani
niya kwabelwa kwangayo nguThixo."

39UYesu ke wabenzela umzekeliso, wathi: "Ngaba imfama inokuyikhokela na
enye imfama? Aziyi kuthi zombini zeyele emhadini yini na?

40Akukho mfundi mkhulu kunomfundisi wakhe; xa afundiswe
ngokupheleleyo, uya kwandula abe njengomfundisi wakhe.

41"Yini na ukuba usibone isibi esiselisweni lowenu, kanti wona umqadi
okwelakho iliso akuwuboni?

42Ungáthini na ukuba nako ukuthi kuwenu: 'Wethu, khawume ndisikhuphe
isibi esiselisweni lakho,' ukanti wena akuwuboni umqadi okwelakho iliso?
Mhanahanisindini, qala ukhuphe umqadi lowo ukwelakho iliso! Wobona
kakuhle ke, ube nako ukusikhupha isibi esiselisweni lowenu."

Umthi neziqhamo zawo
(Mat 7:16-20; 12:33-35)

43"Akukho mthi mhle uvelisa iziqhamo ezibi; kananjalo akukho mthi mbi
uvelisa iziqhamo ezihle.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

44Kaloku umthi wonke waziwa ngeziqhamo zawo. Amakhiwane akakhiwa emngeni; kananjalo iidiliya azivunwa elubobeni.

45Umntu olungileyo uvelisa ukulunga okuphuma entliziyweni yakhe. Ke okhohlakeleyo uvelisa inkohlakalo ephuma entliziyweni yakhe. Kaloku loo nto intliziyo iphuphuma yiyo iphuma ngomlomo."

Abakhi ababini
(Mat 7:24-27)

46"Yini na ukuba nithi kum: 'Nkosi, Nkosi!' kanti noko anikwenzi endikuthethayo?

47Ke wonke umntu ozayo kum, aweve amazwi am awenze,

48ufana nomntu owayesakha indlu, waza wemba ngokunzulu, wenza isiseko samatye. Kwathi ke, kwakubakho isikhukula iimpuphuma zagaleleka kuloo ndlu, zaza azaba nako ukuyishukumisa, kuba yayakhiwe ngokufanelekileyo.

49Kodwa owavileyo amazwi am waza akawenza, yena ufana nomntu owakhe indlu phezu komhlaba, kungekho siseko. Kwathi ke, zakugaleleka kuyo iimpuphuma, yawa kwangoko, yadilika didli!"

ULuka 7

Ukuphiliswa kwesicaka somphathi-butho
(Mat 8:5-13)

1Akuba uYesu egqibile ukuwathetha la mazwi ephulaphulwe ngabantu, waya kungena eKapernahum.

2Ke apho kwakukho mphathi-butho uthile wamajoni osicaka sakhe asithandayo sasigulela ukufa.

3Uthe ke akuva ngoYesu, wathumela kuye amadoda amakhulu amaJuda, ecela ukuba eze kusiphilisa isicaka sakhe.

4Akufika kuYesu, ambongoza enyamekile, esithi: "Mncede lo mntu,

5kuba uyaluthanda uhlanga lwethu; wada wasakhela nendlu yesikhungo."

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6UYesu wahamba nabo. Kwathi ke xa akufuphi nomzi lowo, umphathi-butho wathumela kuye ngezihlobo, esithi: “Nkosi ungàzikhathazi, kuba andifanelekanga ukuba ungade ungene endlwini yam.

7Mna ngokwam andifanelanga ukuba ndize kuwe. Thetha nje ilizwi: sophila isicaka sam.

8Nam ndingumntu obekwe phantsi kwegunya, kwaye ndinamajoni aphantsi kwam: kweli ndithi: ‘Yiya,’ liye; kweliya: ‘Yiza,’ lize; kwisicaka sam: ‘Yenza oku,’ sikwenze.”

9Ezivile uYesu ezi zinto, wamangaliswa, wajika wathi kwindimbane eyayimlandela: “Ndithi kuni, nkqu nakwaSirayeli andifumananga lukholo lungaka.”

10Kwathi ke bakubuyela endlwini abo babethunyiwe, basifumana isicaka siphilile.

UYesu uvusa unyana womhlolokazi eNayin

11Emva koko uYesu waya edolophini ekuthiwa yiNayin, ekunye neqela labafundi bakhe, nendimbane enkulu.

12Ke kaloku, akusondela esangweni ledolophu leyo, nako kuthwalelwa phandle umntu ofileyo. Umfi lowo wayekuphela konyana womhlolokazi. Loo mhlolokazi wayephelekwe yindimbane enkulu yasedolophini apho.

13Ithe ke iNkosi, yakumbona, yavelana naye, yathi kuye: “Sukulila.”

14Yasondela iNkosi, yawachukumisa amanqwanqwa ababemthwele ngawo umfi, baza bema ababemthwele. Yathi: “Mfanandini, vuka!”

15Wavuka wathi qwa umfi lowo, waza wathetha. INkosi ke yamnikela kunina.

16Bonke ke bangenwa luloyiko, bamdumisa uThixo, besithi: “Kuvele umshumayeli omkhulu phakathi kwethu;” batsho besithi: “UThixo ubavelele abantu bakhe.”

17Ke ezi ndaba zingaye uYesu zavakala kulo lonke elakwaJuda, nakuwo wonke loo mmandla.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

UYohane umbhaptizi uthumela abafundi ababini kuYesu
(Mat 11:2-19)

18Abafundi bakaYohane bambalisela zonke ezi zinto. UYohane ke, ebize
babini kubafundi bakhe,

19wabathuma ukuba babuze kwiNkosi bathi: “Ungulowo uzayo na wena,
okanye masilinde omnye?”

20Efikile ke kuYesu, amadoda lawo athi: “UYohane umbhaptizi usithume
kuwe esithi: ‘Ungulowo uzayo na wena, okanye masilinde omnye?’ ”

21Ke kaloku, kwangelo xesha, uYesu wayephilisa abaninzi kwizifo zabo,
nakwizibetho zabo, nakwiindimoni, waza neemfama ezininzi wazinika
ukubona.

22Waphendula ke uYesu wathi kuwo: “Hambani niye kumbalisela uYohane
izinto enizibonileyo nenizivileyo; okokuba iimfama zibuya zibone, iziqhwala
ziyahamba, abaneqhenqa bayahlanjululwa, izithulu ziyeva, abafileyo
bayavuswa, abasweleyo bayazishunyayezwa iindaba ezimnandi.

23Unoyolo ke othe akakhutyekiswa ndim!”

24Bakuba bemkile abathunywa bakaYohane, uYesu wathetha ngoYohane
kwisihlwele, esithi: “Naphuma nisiya kubona ntoni na entlango?
Yayiyingcongolo na, izanya-zanyiswa ngumoya?

25Naphuma nisiya kubona ntoni na kakade? Yayingumntu ohombileyo na?
Niyabona, abo banxiba izivatho eziqaqambileyo, badle amanqatha elizwe,
ngabasezindlwini zookumkani.

26Ngaba naphuma nisiya kubona ntoni na kakade? Yayingumshumayeli na?
Ewe, ndithi kuni, nibone oyena ungumshumayeli ngokupheleleyo.

27UYohane ngulowo uThixo atshoyo ngaye eziBhalweni ukuthi: “ ‘Naso
isigidimi sam esiya kukwandulela, sikugabulele izigcawu.’

© 1996 Bible Society of South Africa.

28“Ndithi kuni, kubo bonke abazelwe kweli hlabathi akukho bani mkhulu
kunoYohane; kanti noyena mncinane ùphantsi kolawulo olutsha
lukaThixo mkhulu kunaye.”

29Bakukuva oku, bonke abantu, kwanabaqokeleli-rhafu, bakungqina ukulunga
kukaThixo, ekubeni babebhaptiziwe ngobhaptizo lukaYohane.

30Ke bona abaFarasi nabachazi-mthetho balidela icebo likaThixo
lokubasindisa, kuba babengavumanga ukubhaptizwa nguYohane.

31UYesu yena wayesithi: “Ndingabafanisa nantoni na ke ngoko abantu besi
sizukulwana?

32Bafana nabantwana abahleli ebaleni lembutho, abanye bebhekisa kwabanye
besithi: “ ‘Sanombelela, naza anaxhentsa; sanihlabelela ingoma yesililo, naza
nina analila!’

33“Kaloku wafika uYohane umbhaptizi, ezila ukutya, engaseli wayini, naza
nina nathi: ‘Unendimoni.’

34Ufikile ke yena uNyana woLuntu, esidla, esela; naza nina nathi: ‘Khanibone,
nanku umntu onyolukileyo, oyindlamanzi, umhlobo wabaqokeleli-rhafu
naboni!’

35Kambe ke ubulumko bukaThixo bubonakaliswa buyinyaniso kubo bonke
ababamkeleyo.”

Ukuxolelwa komfazi owayengumoni

36 UmFarasi othile wamema uYesu ukuba aye kutya kwakhe. UYesu ke
wangena endlwini yomFarasi lowo, waya kuhlala etafileni.

37Kuloo dolophu kwakukho umfazi owayengumoni, owathi, akuva ukuba
uYesu usendlwini yomFarasi lowo, weza ephethe iqhaga lelitye lelabhastile,
linamafutha aqholiweyo.

38Waya kuma ngasemva koYesu, ngasezinyaweni zakhe, elila; waza wazifefa
iinyawo zakhe ngeenyembezi, wazisula ngeenwele zakhe, wazanga iinyawo
zakhe, wazithambisa ngamafutha lawo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

39Akukubona oko umFarasi lowo wayememe uYesu, uthethe yedwa esithi:
“Ukuba lo mntu ebengumshumayeli, ngesazi ukuba ngubani, eluhlobo luni
na, lo mfazi umchukumisayo; kuba ungumoni.”

40Waphendula uYesu wathi kuye: “He Simon, yiva apha!” Wathi ke yena:
“Yitsho, Mfundisi.”

41Wathi uYesu: “Kwakukho mbolekisi-mali uthile, enabantu ababini
abanamatyala kuye. Omnye wayenetyala elingangeerandi ezimakhulu
mahlanu, omnye ke zingamashumi amahlanu.

42Ekubeni bengenanto bangahlawula ngayo, usuke wabaxolela bobabini.
Khawutsho ke, nguwuphi kubo oya kumthanda ngakumbi?”

43Waphendula uSimon wathi: “Ndiba ngulowo uxolelwe ngokungaphezulu.”
Wathi kuye: “Uchane ucwethe!”

44Wajika ke uYesu, wakhangela kumfazi lowo, wathi kuSimon: “Uyambona
ke lo mfazi? Ndingené endlwini yakho, waza wena akwandinika amanzi
okuhlamba iinyawo zam; kanti ke yena iinyawo zam uzihlambe
ngeenyembezi zakhe, wazisula ngeenwele zakhe.

45Akundanganga wena; kanti yena, okoko ndingenileyo, akayekanga
ukuzanga iinyawo zam.

46Intloko yam akuyithambisanga ngamafutha; kanti yena iinyawo zam
uzithambise ngamafutha aqholiweyo.

47Ngenxa yoko ke, ndithi kuwe: olu thando lwakhe lungaka lubonakalisa
okokuba izono zakhe ebezizininzi zixolelwe. Kanti ke yena oxolelwe
kancinane, ukwathanda kancinane.”

48UYesu ke wathi kuloo mfazi: “Izono zakho zixolelwe.”

49Baza abo babehleli naye etafileni bathi omnye komnye: “Ngaba ngubani na
lo uxolela nezono?”

50UYesu ke wathi kumfazi lowo: “Ukholo lwakho lukusindisile; hamba
ngoxolo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ULuka 8

Abafazi ababelungiselela uYesu

1Kwathi emva koko uYesu watyhutyha iidolophu ngeedolophu neelali
ngeelali, evakalisa eshumayela iindaba ezimnandi zolawulo lukaThixo.
Wayehamba nabafundi bakhe abalishumi elinambini.

2Kwakukho nabafazi abathile ababephiliswe kwiindimoni nasebulwelweni.
YayinguMariya ekuthiwa ngowaseMagadala, ekwakuphume kuye iindimoni
ezisixhenxe,

3noYohana, umka-Kuza, igosa likaHerode, noSusana, kwanabanye abaninzi.
Bona babelungiselela uYesu nabafundi bakhe.

Umzekeliso ngomhlwayeli
(Mat 13:1-9; Marko 4:1-9)

4Ke kaloku, kwakuba kuhlanganisene isihlwele esikhulu, kusuke abantu
beelali ngeelali beza kuye, uYesu wathetha nabo ngomzekeliso, esithi:

5“Umhlwayeli waphuma waya kuhlwayela imbewu yakhe. Ekuhlwayeleni
kwakhe enye yawa ngasendleleni, yanyathelwa, zathi iintaka zayichola-chola
zayigqiba.

6Yimbi yawa elulwalweni, yathi isantshula yatsha ngenxa yokuba umhlaba
ubungafumanga.

7Yimbi yawa phakathi kokhula, lwasuka ukhula lwakhula kunye nayo,
lwayiminxa.

8Yimbi yawa kumhlaba olungileyo, yakhula, yathwala isiqhamo
ngokuphindwe kalikhulu.” Etshilo ke wadanduluka esithi: “Oneendlebe
zokuva makeve!”

Injongo yemizekeliso
(Mat 13:10-17; Marko 4:10-12)

9Ke abafundi bakaYesu bambuza besithi: “Ngaba uthetha ntoni na lo
mzekeliso?”

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Wathi ke yena: “Nikuphiwe nina okokuba nizazi iimfihlelo ezingolawulo
lukaThixo, kodwa abo bangakuphiwanga baziva ngemizekeliso nje, ukuze,
njengoko zitshoyo iziBhalo ukuthi: “ ‘Bebona nje, bangaboni; besiva nje,
bangaqondi.’ ”

Ingcaciso yomzekeliso
(Mat 13:18-23; Marko 4:13-20)

11“Ke kaloku lo mzekeliso uchazwa kanje: Imbewu le lilizwi likaThixo.

12Abo bangasendleleni ngabo bevayo, aze eze umtyholi alisuse ilizwi
ezintliziyweni zabo, ukuze bangakholwa basindiswe.

13Abo ke baselulwalweni ngabathi, bakuliva ilizwi, balamkele ngovuyo,
kodwa babe bengenazingcambu zendeleyo, kuba bakholwa okomzuzwana, ze
bathi bakuhendwa, balahle.

14Leyo yawayo elukhuleni, ngabo bathi bevile baminxwe ekuhambeni kwabo
ngamaxhala nobutyebi neziyolo zobu bomi, baze bangavelisi ziqhamo.

15Ke leyo isemhlabeni omhle ngabo bathi ngentliziyo entle, elungileyo,
bakuliva ilizwi, balibambe, bathwale iziqhamo benomonde.”

Umzekeliso ngesibane
(Marko 4:21-25)

16“Akukho bani uthi, esilumekile isibane, asigqume ngesitya, okanye asifake
ngaphantsi kwebhedi. Usixhoma endaweni yaso, ukuze abangenayo
bakhanyiselwe.

17Kaloku akukho nto ifihlakeleyo ingayi kude ityhilwe; kananjalo akukho nto
ifihliweyo ingayi kude ivele, yaziwe.

18“Ze nive kakuhle ke; kuba lowo unolutho uya kunikwa, athi lowo
ungenanto ahluthwe kwanaloo nto aba unayo.”

Ezona zizalwana zikaYesu
(Mat 12:46-50; Marko 3:31-35)

19Ke kaloku abantakwabo nonina kaYesu bafika, kodwa àbaba nako
ukufikelela kuye ngenxa yesihlwele.

© 1996 Bible Society of South Africa.

20Waxelelwa ke kusithiwa: “Nanku unyoko nabantakwenu ngaphandle, befuna ukukubona.”

21Waphendula yena wathi kubo: “Umama nabantakwethu ngâbo bathi bakuliva ilizwi likaThixo balenze.”

UYesu uzolisa isaqhwithi
(Mat 8:23-27; Marko 4:35-41)

22Kwathi ngamhla uthile uYesu waya kukhwela esikhitshaneni kuLwandle lwaseGalili. Babekho nabafundi bakhe, waza wathi kubo: “Masiwele siye ngaphesheya.” Banduluka ke.

23Ekuhambeni kwabo uYesu walala ubuthongo. Kwavuka isaqhwithi elwandle, isikhitshana sazala ngamanzi, baba sengozini.

24Baza abafundi bamvusa uYesu, besithi: “Mhlekazi, safa!” Wavuka ke uYesu, wawukhalimela umoya namaza alatyuzayo. Wadamba umoya, amaza ayeka ukulatyuza, kwabakho ukuzola.

25Waza wathi kubo: “Luphi na ukholo lwenu?” Bona ke babesoyika, bemangalisiwe, besithi omnye komnye: “He bethu, ngumntu onjani lo ude alulanyelwe ngumoya nangamanzi!”

Ukuphiliswa komGergesa oneendimoni
(Mat 8:28-34; Marko 5:1-20)

26Ke kaloku bahamba ngesikhitshana, baya ezweni lamaGergesa, elikhangelene nelaseGalili.

27Kwathi uYesu akuphumela emhlabeni, wahlangatyezwa yindoda ethile yaloo dolophu, eyayiphethwe ziindimoni. Yayinexesha elide ihamba ze, ingahlali ndlwini, ihlala emangcwabeni.

28Ithe ke, yakumbona uYesu, yakhala, yawa phambi kwakhe, isithi ngezwi elikhulu: “Ufuna ntoni kum, Yesu, Nyana kaThixo uPhezukonke? Ndiyakubongoza ukuba ungandithuthumbisi.”

29Yatsho kuba uYesu wayeyikhalimele indimoni ukuba iphume kuyo, kuba kwakukaninzi le ndimoni iyihlasela, ize ke igcinwe ngokubotshwa

© 1996 Bible Society of South Africa.

ngamatyathanga nangamakhamandela, kanti yayisuka iziqhawule izibophelelo, isiwe entlango yindimoni leyo.

30UYesu ke wayibuza esithi: “Ungubani wena igama lakho?” Yathi yona: “NdinguMkhosi,” kuba yayingenwe ziindimoni ezininzi.

31Iindimoni ezi zazimbongoza uYesu ukuba angazigxotheli enzonzobileni.

32Kwakukho umhlambi omkhulu weehagu usidla apho entabeni, zaza zambongoza ukuba azivumele ziye kungena kuwo. Wazivumela.

33Zaphuma ke iindimoni endodeni leyo, zangena ezihagwini, waza umhlambi lowo waphaphatheka, wehla ethambekeni, waya kweyela elwandle, warhaxwa.

34Bakukubona okwenzekileyo, abo babezalusa ezi hagu babaleka, baya kukuxela edolophini nasemaphandleni okuhlileyo.

35Baphuma ke abantu, baya kuyibona loo nto yenzekileyo. Bafika kuYesu, bayifumana loo ndoda wayekhuphe kuyo iindimoni ihleli phantsi ngakuYesu, inxibile, inengqondo; baza ke boyika.

36Abo babekubonile okwenzekileyo babaxelela ngendlela yokuphiliswa kwendoda eyayiphethwe ziindimoni.

37Yaza yonke loo nkitha yommandla wamaGergesa yambongoza uYesu ukuba emke khona, kuba babesoyika kakhulu. UYesu ke waya kungena esikhitshaneni, wemka.

38Ke kaloku indoda leyo zazikhutshwe kuyo iindimoni yayimbongoza uYesu, ifuna ukuhamba naye, kodwa uYesu wayindulula, esithi:

39“Goduka, uyibalise into oyenzelwe nguThixo.” Yemka ke, yahamba iyibalisa kuyo yonke idolophu loo nto iyenzelwe nguYesu.

Ukuphiliswa kwentombi kaJayiro nomfazi owachukumisa uYesu

(Mat 9:18-26; Marko 5:21-43)

40Kwathi akubuya uYesu, izihlwele zamamkela, kuba bonke babemlindile.

© 1996 Bible Society of South Africa.

41Kwabonakala kusiza indoda egama linguJayiro, eyayiligosa lendlu yesikhungo. Yona yazikhahlela phantsi ngasezinyaweni zikaYesu, yambongoza ukuba eze endlwini yayo,

42kuba yayigulelwa yintombi yayo iqhawuka. Le yayikukuphela kwentombi yayo, iminyaka ngathi ilishumi elinambini izelwe. Ke kaloku ekuyeni kukaYesu apho, izihlwele zazimxinile.

43Ke umfazi owayehlamba engaphezi iminyaka elishumi elinambini, engenakuphiliswa bani,

44usondele ngasemva, wachukumisa umqukumbelo wesambatho sakhe, lanqamka kwangoko igazi.

45UYesu wathi: “Ngubani lo undichukumisileyo?” Bakungazi ke bonke, uPetros wathi: “Mhlekazi, isihlwele sikungqongile, sikuxinile.”

46Kodwa uYesu wathi: “Ukho ondichukumisileyo, kuba ndiyaqonda ukuba akho amandla aphumileyo kum.”

47Uthe ke umfazi lowo, ebona ukuba ubhaqiwe, weza engcangcazela, wazikhahlela phambi kwakhe, waxela phambi kwabo bonke abantu ukuba umchukumisele ntoni na, ekuxela nokuphiliswa kwakhe ngesikhawu.

48UYesu ke uthe kuye: “Ntombi yam, ukholo lwakho lukuphilisile; hamba ngoxolo!”

49Kwathi uYesu esathetha, kwafika mntu uthile, evela emzini wegosa lendlu yesikhungo, wathi kulo: “Intombi yakho ayisekho. Sukuba samkhathaza uMfundisi.”

50Eyivile ke le nto uYesu, uphendule wathi: “Sukoyika; kholwa nje wena. Yophiliswa.”

51UYesu ke, efikile endlwini, akavumelanga mntu ukuba angene kunye naye, ngaphandle koPetros noYohane noYakobi noyise nonina wentombi leyo.

52Babelila bonke, besenza isijwili; waza wathi: “Sanukulila! Ayifanga; ilele nje le ntombazana.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

53Basuka bamwa ngentsini, besazi ukuba ibhubhile.

54Ke yena wayibamba ngesandla, wayibiza esithi: “Ntombazana, vuka!”

55Wabuya umoya wayo, yaphakama kwangoko; waza wayalela ukuba inikwe ukutya.

56Bamangaliseka abazali bayo, waza wabayala ukuba bangayixeleli mntu loo nto yenzekileyo.

ULuka 9

Ukuthunywa kwabafundi abalishumi elinambini

(Mat 10:5-15; Marko 6:7-13)

1Ke kaloku uYesu ubabizele ndawonye abafundi bakhe abalishumi elinambini, wabanika amandla negunya lokoyisa zonke iindimoni, nokuphilisa izifo.

2Wabathuma ukuba bashumayele bavakalise ulawulo lukaThixo, baphilise nemilwelwe.

3Wathi kubo: “Ze ningaphathi nto yandlela: nokuba ngumsimelelo, nokuba yingxowa, nokuba sisonka, nokuba yimali. Ningaphathi zambatho ngazibini.

4Nasemzini enithe nafikela kuwo, hlalani khona nide nimke kuloo ndawo.

5Apho sukuba benganamkeli, manithi ekuphumeni kwenu kuloo dolophu, niluvuthulule nothuli olusezinyaweni zenu, ukuze oko kube bubungqina bokuba abanamkelanga.”

6Baphuma ke, bazityhutyha iidolophana, beshumayela iindaba ezimnandi, bephilisa kuzo zonke iindawo.

UHerode unexhala

(Mat 14:1-12; Marko 6:14-29)

7UHerode, owayephethe kuloo mmandla, waziva zonke izinto ezenziweyo nguYesu. Wasuka wanexhala, kuba kwakusithiwa: “Kuvuke uYohane kwabafileyo;”

© 1996 Bible Society of South Africa.

8kusithiwa: “Kubonakele uEliya;” kusithiwa ngabanye: “Kubuye kwavuka umshumayeli wexesha lamanyange.”

9UHerode ke wathi: “Ndamnqumla intloko nje uYohane. Ngaba ngubani ke lo ndiva kuthethwa ezi zinto ngaye?” Watsho wafuna ukumbona.

UYesu wandisa ukutya
(Mat 14:13-21; Marko 6:30-44; Yoh 6:1-14)

10Ekubuyeni kwabo abathunywa bamxelela uYesu oko bakwenzileyo. Wabathatha ke, wemka nabo, waya kwidolophu ekuthiwa yiBhetesayida.

11Sithe isihlwele, sikwazile oko, samlandela; waza uYesu wasamkela, wathetha naso ngolawulo lukaThixo, ephilisa abo baswele impilo.

12Yakuba ke isimka imini, abafundi abalishumi elinambini bathe kuYesu: “Sindulule isihlwele, abantu bemke, baye ezidolophini ezijikelezileyo nasezilalini, balale, bafumane ukutya, kuba apha sikwindawo engenamizi.”

13Ke yena wathi kubo: “Bapheni nina ukutya, batye.” Bathi bona: “Sinezonka ezihlanu neentlanzi ezimbini kuphela. Asinakubatyisa ngaphandle kokuba siye kubathengela ukutya bonke aba bantu.”

14(Kwakukho amadoda akumawaka amahlanu.) Wathi kubafundi bakhe: “Bahlaliseni babe ngamaqela ngamaqela, iqela ngalinye libe ngamashumi amahlanu.”

15Benjenjalo ke, babahlalisa phantsi bonke.

16Ezithathile ezo zonka zihlanu nezo ntlanzi zimbini, ukhangele ezulwini, wabulela, waziqhekeza, wamana enika abafundi bakhe ukuba babele isihlwele.

17Badla ke bahlutha bonke, kwaza kwaqokelelwa iingobozi ezilishumi elinambini zokutya okuseleyo.

UPetros uyavuma ukuba uYesu unguKrestu
(Mat 16:13-19; Marko 8:27-29)

18Kwathi uYesu ethandaza bucala enabafundi bakhe, wababuza esithi: “Ngaba izihlwele ezi zithi ndingubani?”

© 1996 Bible Society of South Africa.

19Baphendula bona bathi: “Kuthiwa unguYohane umbhaptizi. Abanye bathi unguEliya. Kanti abanye bathi kubuye kwavuka mshumayeli uthile wamandulo.”

20Wathi kubo: “Ke nina nithi ndingubani?” Waphendula uPetros wathi: “Unguye uKrestu kaThixo.”

21UYesu wabayala ngqongqo ukuba le nto bangayithethi mntwini.

UYesu ufundisa okokuqala ngokufa nokuvuka kwakhe
(Mat 16:20-28; Marko 8:30-9:1)

22Waza wathi uYesu: “ UNyana woLuntu umelwe kukuba eve ubunzima obukhulu; achaswe ngamadoda amakhulu, nangababingeleli abaziintloko, nangabachazi-mthetho; aze abulawe, athi emva kweentsuku ezintathu abuye avuke.”

23UYesu ke wabhekisa kubo bonke wathi: “Osukuba ethanda ukundilandela makazincame, awuthwale umnqamlezo wakhe imihla ngemihla, andilandele;

24kuba othe wabukokosa ubomi bakhe, wolahlekelwa bubo; kodwa othe wabuncama ubomi bakhe ngenxa yam, wobusindisa.

25Kuba kaloku komnceda ntoni na umntu ukuba uthe walizuza ihlabathi liphela, abe yena ezilahlile okanye onakalelwe?

26Kuba othe waneentloni ngam, nangamazwi am, naye uNyana woLuntu woba neentloni ngaye, xa eza esewongeni lakhe nelikaYise nelezithunywa ezingcwele.

27Inene, kukho abathile kwabakhoyo apha abangayi kuze beve kufa, bade balubone ulawulo olutsha lukaThixo.”

UYesu wenziwa kumila kumbi
(Mat 17:1-8; Marko 9:2-8)

28Kwathi, malunga neveki emva kokuba uYesu ezithethile ezi zinto, wathatha uPetros noYohane noYakobi, wenyuka nabo waya entabeni, esiya kuthandaza.

© 1996 Bible Society of South Africa.

29Kwathi ethandaza njalo, ubuso bakhe babonakala bububumbi, nesambatho
sakhe siqaqambile, simenyezela.

30Kwavela amadoda amabini, uMosis noEliya, bathetha naye.

31Babebengezela, baza bancokola naye ngokunduluka kwakhe okwakumele
ukuba seJerusalem.

32Ke kaloku uPetros nâbo babenaye basindwa bubuthongo, kodwa bakuthi
balulu, babubona ubuqaqawuli bukaYesu, bewabona naloo madoda mabini
ayemi naye.

33Ke akwahlukana noYesu la madoda, uPetros wathi kuye: “Ngxatsho ke
ukuba sibe lapha, Mhlekazi! Masakhe amaphempe abe mathathu: elinye libe
lelakho, elinye libe lelikaMosis, elinye libe lelikaEliya.” (Watsho engayazi
into ayithethayo.)

34Kwathi ke esatsho, kwabakho ilifu elibagubungelayo. Boyika ke abafundi
bakungena efini ooMosis.

35Kwabakho nelizwi liphuma efini apho, lisithi: “Lo nguNyana wam
onyuliweyo; mveni yena.”

36Lakutsho ke elo lizwi, uYesu bambona seleyedwa. Abafundi bazigcina ezo
zinto babezibonile, àbaxelela mntu ngazo ngaloo mihla.

Ukuphiliswa komntwana onamafufunyana
(Mat 17:14-18; Marko 9:14-27)

37Ke kaloku ngomhla olandelayo, xa babehlile entabeni, uYesu
wahlangatyezwa sisihlwele.

38Kwavela indoda esihlweleni apho, ikhwaza isithi: “Mfundisi,
ndiyakubongoza, khawundincede ngonyana wam okuphela kwakhe.

39Ùsuka ahlaselwe yindimoni, atsho ngesikhalo, aquleke, alephuze
amagwebu. Uphatheka kakubi yile ndimoni, kube nzima ukwahlukana nayo.

40Ndibabongozile abafundi bakho ukuba bayikhuphe, kodwa boyiswa.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

41Waphendula uYesu wathi: “Sizukulwanandini esingakholwayo, esigwenxa, koda kube nini na ndinani, ndininyamezele? Mzise apha unyana wakho.”

42Eseza ke, indimoni isuke yamhlasela watsho waxhuzula. Wayikhalimela indimoni uYesu, waphila umntwana, wambuyisela kuyise.

43Batsho bamangaliswa ke bonke kukusebenza kwamandla kaThixo.

UYesu ufundisa okwesibini ngokufa nokuvuka kwakhe
(Mat 17:22-23; Marko 9:30-32)

Ke bonke babemangalisiwe zizinto zonke awayezenza uYesu; waza wathi kubafundi bakhe:

44“Waphulaphuleni kakuhle la mazwi: uNyana woLuntu wonikelwa ezandleni zabantu.”

45Kodwa bona babengaliqondi eli lizwi – lalifihlakele kubo. Babesoyika nokumbuza ngalo.

Oyena mkhulu
(Mat 18:1-5; Marko 9:33-37)

46Ke kaloku babephikisana ngokuba nguwuphi na omkhulu phakathi kwabo.

47UYesu ke, ezazi iingcamango zeentliziyo zabo, uthathe umntwana, wammisa ngakuye,

48wathi kubo: “Othe wamamkela lo mntwana egameni lam, wamkela mna; nothe wamkela mna, wamkela lowo undithumileyo; kuba oyena mncinane phakathi kwenu nonke, ngoyena mkhulu.”

Ongachasananga nathi ungakuthi
(Marko 9:38-40)

49Wavakala uYohane esithi: “Mhlekazi, sibone umntu ekhupha iindimoni ngegama lakho, saza samnqanda, kuba akakulandeli kunye nathi.”

50Ke uYesu wathi kuye: “Sanukumnqanda, kuba ongachasananga nani ungakuni.”

Ukungamkelwa kukaYesu ngamaSamariya

© 1996 Bible Society of South Africa.

51Yakusondela imihla yokuba uYesu anyuselwe ezulwini, wazimisela ukuya
eJerusalem.

52Ke kaloku wathuma abathunywa bakhe, ukuba bamandulele. Bahamba ke,
baya kungena kwidolophana yamaSamariya, khon' ukuze bamlungiselele;

53kodwa amaSamariya akavumanga ukumamkela, kuba uYesu wayesinga
eJerusalem.

54Bekubonile oko abafundi bakhe uYakobi noYohane, bathe: “Nkosi, uyafuna
na ukuba sitsho kuhle umlilo ezulwini, ubatshabalalise?”

55Wathi guqugu, wabakhalimela;

56baza baya dolophaneni yimbi.

Ukulandela uYesu
(Mat 8:19-22)

57Kwathi, besendleleni, othile wathi kuYesu: “Nkosi, ndiya kuba ngumlandeli
wakho, ndiye naphi na apho uthe waya khona.”

58Waza uYesu wathi kuye: “Iimpungutye zinemingxuma, neentaka
zineendlwana; kodwa yena uNyana woLuntu akanayo nendawo le yokufaka
intloko.”

59Wathi komnye: “Yiba ngumlandeli wam.” Ke yena wathi: “Nkosi, ndivumele
ndiye kungcwaba ubawo kuqala.”

60UYesu wathi kuye: “Bayeke abafileyo, bangcwabe abafileyo babo. Ke wena,
hamba uye kushumayela uvakalise ulawulo lukaThixo.”

61Wathi nomnye: “Ndiya kuba ngumlandeli wakho, Nkosi, kodwa kuqala
ndivumele ndiye kubulisa abendlu yam.”

62UYesu wathi kuye: “Umntu ojonga ngasemva, ebambe ikhuba, uyabhanka.
Ngokunjalo ke nomntu ophunguzayo ekhonza uThixo, uyaphoswa
bubuncwane bokulawulwa nguThixo.”

ULuka 10

Ukuthunywa kwabafundi abangamashumi asixhenxe anambini

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Ke kaloku, emva kwezi zinto, iNkosi yanyula abanye abangamashumi
asixhenxe anambini, yabathuma ngababini ngababini, ukuba bayandulele
baye kuzo zonke iidolophu neendawo eyayiza kuya kuzo,

2isithi kubo: “Isivuno okunene sikhulu, kodwa bona abasebenzi bambalwa.
Mbongozeni ke ngoko uMnini-ntsimi, ukuba athumele abasebenzi, baye
kuvuna.

3Hambani ke. Niyabona, ndinithuma njengamatakane phakathi kweengcuka.

4Ze ningaphathi ngxowa yamali, nangxowa yamphako, nazihlangu. Ze
ningalityaziswa yimibuliso endleleni.

5Nakuwuphi na umzi enithe nangena kuwo, yithini kuqala: ‘Uxolo malube
nani kweli khaya!’

6Ukuba ngaba ukho apho owoxolo, intsikelelo yenu yohlala phezu kwakhe;
ukuba ke akunjalo, yobuyela kwakuni.

7Hlalani ke kwakuloo ndlu, nitye nisele oko nikunikwayo; kuba umsébenzi
uwufanele umvuzo wakhe. Musani ukuthi nihleli ndlwini ithile, nimke kuyo,
niye kuhlala kwenye kwalapho.

8Edolophini ke enithe nangena kuyo, baza banamkela, kutyeni ukutya
enikunikwayo,

9niyiphilise imilwelwe elapho, nithi kubo: ‘Luthwasile ulawulo lukaThixo! ’

10Kuloo dolophu nithe nangena kuyo, baza àbanamkela, ze niphume niye
ezitalatweni zayo, nithi:

11‘Nothuli olu lwedolophu yenu olusezinyaweni zethu, siluvuthululela kuni.
Kodwa ke kwazini oku: Ulawulo lukaThixo luthwasile!’

12Ngoko ke ndithi kuni, ngomhla womgwebo soba nganeno isohlwayo
seSodom kunesaloo dolophu.”

Kunyembelekile kwiidolophu zabangakholwayo
(Mat 11:20-24)

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13“Mawoo, wena Korazin! Mawoo, nawe Bhetesayida! Ukuba imimangaliso
eyenzeke kuni yayenzeke eTire naseSidon, abalapho ngebaguqukayo
kwakudala, bahlala phantsi bambethe ezirhwexayo, bezigalele uthuthu.

14Ewe, ngomhla wokugwetywa soba nganeno isohlwayo seTire
neseSidon kunesenu.

15Wena Kapernahum, unga ungaphakanyiselwa ezulwini na? Hayi, uya
kuphoswa phantsi kwelabafileyo. ”

16Wathi ke kubafundi bakhe: “Lowo univayo, uva mna; nalowo
unganamkeliyo, akamkeli mna. Ke ongandamkeliyo mna, akamkeli lowo
undithumileyo.”

Ukubuya kwabafundi abangamashumi asixhenxe anambini

17Babuya ke abafundi abangamashumi asixhenxe anambini, bevuya, besithi:
“Nkosi, neendimoni ezi sizoyisile ngegama lakho.”

18Wathi ke kubo: “Ndibone uSathana esiwa ezulwini okombane.

19Niyabona, ndininike igunya lokunyathela phezu kweenyoka
noonomadudwane, naphezu kwawo onke amandla alowo ulutshaba. Ke
ayikho konke into enokunenzakalisa.

20Noko ke sanukuvuyela ukoyisa kwenu iindimoni, vuyani kuba amagama
enu ebhaliwe kwaThixo.”

UYesu unemihlali
(Mat 11:25-27; 13:16-17)

21Ngelo xesha uYesu wagcoba ngoMoya oyiNgcwele, wathi: “Ndiyabulela
kuwe, Bawo, Nkosi yezulu nomhlaba, ngokuzifihla kwakho ezi zinto
kwizilumko neengqondi, wazityhilela iintsana. Ewe, Bawo, wênjenje kuba
kukholekile kuwe.

22“Zonke izinto zinikelwe kum nguBawo; kananjalo akukho waziyo ukuba
ungubani na uNyana, ngaphandle koYise, kungekho waziyo ukuba ungubani
na uYise, ngaphandle koNyana, nalowo uNyana athanda ukumtyhilela.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

23Ke uYesu waguqukela kubafundi bakhe, wathetha nabo ngasese, wathi:
“Hayi uyolo lwâbo babona enikubonayo nina!

24Inene, baninzi abashumayeli nookumkani ababenqwenela ukuzibona izinto
enizibonayo nina, baza àbazibona; benqwenela nokuva izinto enizivayo, baza
àbaziva.”

Umzekeliso ngomSamariya olungileyo

25Ke kaloku kwafika umchazi-mthetho, walinga uYesu esithi: “Mfundisi,
kufuneka ndenze ntoni na ukuze ndibudle ilifa ubomi obungunaphakade?”

26UYesu wathi kuye: “Khawutsho, kubhalwe ntoni emthethweni?”

27Ke yena wathi: “Kuthiwa: ‘Uze uyithande iNkosi uThixo wakho ngentliziyo
yakho iphela, nangomphefumlo wakho uphela, nangamandla akho ephela,
nangengqondo yakho iphela; umthande ummelwane wakho kanye ngale
ndlela uzithanda ngayo nawe. ’ ”

28UYesu ke wathi kuye: “Uchane ecwethe! Yenjenjalo kanye; wobudla
ubomi.”

29Ke yena umchazi-mthetho, efuna ukuzenza ilungisa, wathi kuYesu:
“Ngubani ummelwane wam?”

30UYesu wamphendula wathi: “Umntu othile wayesihla evela eJerusalem,
esiya eJeriko, waza wagaxeleka ezihangeni, ezamhluba izambatho zakhe,
zamngxwelerha, zemka zimshiya esecicini lokufa.

31Ke kaloku kwakukho mbingeleli uthile owayesihla kwangaloo ndlela,
owathi akumbona wacezela phaya.

32Kwangokunjalo ke nomLevi, akufika kuloo ndawo, uthe akumbona
wacezela phaya.

33Ke umSamariya othile owayeseluhambeni wafika kuye, wathi akumbona
wavelana naye,

34wasondela, wawabopha amanxeba akhe, ewagalela ioyile newayini.
Wamkhwelisa kwidonki yakhe, wamsa kwindlu yabahambi, wamonga.

© 1996 Bible Society of South Africa.

35Ukumka kwakhe ngengomso, urhole imali, wanika umnini-ndlu, wathi
kuye: ‘Uze umonge; nento othe wadleka yona ngaphezu koku ndoyihlawula
ekubuyeni kwam.’ ” Waqhuba uYesu wathi:

36“Khawutsho ke, nguwuphi kwabo bathathu owaba ngummelwane walowo
wagaxeleka ezihangeni?”

37Umchazi-mthetho wathi: “Ngulowo waba novelwano.” Waza uYesu wathi
kuye: “Hamba uye kwenjenjalo ke nawe.”

UMarta noMariya

38Kolo hambo lwabo uYesu ungene dolophaneni ithile, waza wamkelwa
endlwini ngumfazi othile ogama linguMarta.

39UMarta wayenodade wabo ogama linguMariya, owathi yena wahlala
ngasezinyaweni zeNkosi, ephulaphula amazwi ayo.

40Ke yena uMarta wayexakeke kakhulu ngamalungiselelo; waya kuYesu,
wathi: “Nkosi, akukhathali na kukuba umsakwethu andiyekele ndilungiselele
ndendwa? Yitsho kuye andincedise.”

41Waphendula ke uYesu, wathi kuye: “Wena Marta, uzikhathaza ngezinto
ezininzi,

42kanti inye kuphela eyimfuneko. UMariya unyule loo nto ilungileyo, kwaye
ayiyi kuhluthwa kuye.”

ULuka 11

UYesu ufundisa indlela yokuthandaza

(Mat 6:9-13; 7:7-11)

1Ke kaloku uYesu wayethandaza ndaweni ithile; kwathi akugqiba, omnye
kubafundi bakhe wathi kuye: “Nkosi, sifundise ukuthandaza, kwanjengoko
uYohane wabafundisayo ukuthandaza abakhe abafundi.”

2Wathi ke kubo uYesu: “Xa nithandazayo yithini: “ ‘Bawo, malaziwe
lihlonelwe igama lakho; malongame ulawulo lwakho.

3Hlala usibonelela kwiintswelo zethu zemihla ngemihla;

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4usixolele izono zethu, kuba nathi sibaxolela bonke abanamatyala kuthi;
ungasiyekeli ekulingweni.’ ”

5Ke uYesu wathi kubo: “Ukuba ngaba ubani kuni uya kumhlobo wakhe
ezinzulwini zobusuku, athi kuye: ‘Sihlobo, ndiboleke izonka zibe zithathu,

6kuba ndinomhlobo ophambukele kum eseluhambeni, kanti andinanto
ityiwayo ndingamnika yona;’

7ngekhe kwenzeke ukuba lowo ungaphakathi aphendule athi:
‘Sukundikhathaza; sendivalile emnyango; mna nabantwana bam sesilele;
andinako ukuvuka ndikunike.’

8Ndithi kuni, nokuba akayi kuvuka amnike ngakuba engumhlobo wakhe,
noko wothi ngenxa yokuzingisa kwakhe ecela, avuke amnike ezo zonka.

9“Mna ke ngoko ndithi kuni: Celani, nophiwa; funani, nofumana;
nkqonkqozani, novulelwa;

10kuba wonke umntu ocelayo uyazúza, nalowo ufunayo uyafumana, nalowo
unkqonkqozayo wovulelwa.

11Ngubani na kuni onokuthi enonyana ocela intlanzi, asuke amnike inyoka,

12okanye athi, ecela iqanda, asuke amnike unomadudwane?

13Ukuba ngoko nina, nikhohlakele nje, niyakwazi ukubapha abantwana benu
izipho ezilungileyo, wobeka phi yena uYihlo osezulwini ukugqithisela
ukubapha uMoya oyiNgcwele abo bamcelayo?”

UYesu unyeliswa ngokuba uncedwa nguSathana
(Mat 12:22-30; Marko 3:20-27)

14UYesu wayekhupha indimoni edala ubumumu emntwini; kwaza kwathi,
yakuphuma indimoni, isimumu eso sathetha. Samangaliswa ke isihlwele,

15kodwa abathile kuso bathi: “Iindimoni ezi uzikhupha
ngoSathana, umphathi weendimoni.”

16Abanye babemlinga, befuna umqondiso ophuma ezulwini.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Ke uYesu, ezazi iingcamango zabo, wathi kubo: “Bonke uburhulumente
obuvukelana bodwa buyawa, nomzi ovukelana wodwa uyachithakala.

18NoSathana ke, ukuba okwakhe kuthe kwavukelana kodwa, lothini na
ukungonakali ulawulo lwakhe? Nina nithi iindimoni ndizikhupha
ngoSathana.

19Ke ukuba iindimoni ndizikhupha ngoSathana, bazikhupha ngabani ke bona
oonyana benu? Mabaphendule, nigwetywe ngabo.

20Ukuba ke iindimoni ndizikhupha ngamandla kaThixo, yazini ukuba ulawulo
lukaThixo seluthwasile kuni.

21“Ukuba igorha lithe laxhoba lafa amacala, lawulinda umzi walo, impahla
yalo yohlala igcinakele.

22Kodwa ukuba kuthe kwafika elinye igorha elinamandla kunalo, laloyisa,
lolihlutha sonke isikrweqe salo ebelikholose ngaso, liwabe amaxhoba alo.

23“Lowo ungekho ngakum, uchasene nam; nalowo ungandiqokelelisiyo,
uyachitha-chitha.”

Ukubuya kwendimoni
(Mat 12:43-45)

24“Xa indimoni ithe yaphuma emntwini, icanda ezinkqantosini, ifuna
ukuphumla; ize yakuba ingakufumani, isuke ithi: ‘Ndiya kubuyela endlwini
yam endaphuma kuyo.’

25Ithi yakufika, iyifumane itshayelwe, ilungisiwe;

26ize ke ijike iye kuphuthuma ezinye iindimoni ezisixhenxe ezikhohlakeleyo
kunayo, zingene ke zihlale khona; ize imeko yamva yaloo mntu ibe mbi
kuneyokuqala.”

Abona banoyolo

27Ke kaloku ekuzithetheni kukaYesu ezi zinto, kwavakala umfazi esihlweleni
apho, esithi kuye: “Unoyolo umfazi owakuzalayo nowakwanyisayo.”

28Ke yena wathi: “Yithi kanye: unoyolo lowo ulivayo ilizwi likaThixo alenze.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Umqondiso kaJona
(Mat 12:38-42)

29Kuthe isihlwele simxinanisile, uYesu wathi: “Esi sisizukulwana esikhohlakeleyo; sifuna umqondiso, kanti asiyi kunikwa mqondiso, ingenguwo umqondiso kaJona;

30kuba, njengokuba uJona waba ngumqondiso kwabaseNiniva, uya kuba nguwo uNyana woLuntu kwesi sizukulwana.

31Ngomhla womgwebo ukumkanikazi waseZantsi wophakama abamangalele abantu besi sizukulwana, kuba wavela eziphelweni zomhlaba, esiza kuva ubulumko bukaSolomon, kanti ke omkhulu kunoSolomon nanku apha.

32Ngomhla womgwebo abantu baseNiniva bophakama babamangalele abantu besi sizukulwana, kuba bona bâguquka ngentshumayelo kaJona, kanti ke omkhulu kunoJona nanku apha.”

Isibane somzimba
(Mat 5:15; 6:22-23)

33“Akukho mntu uthi, esilumekile isibane, asibeke endaweni efihlakeleyo okanye phantsi kwesitya; usixhoma endaweni yaso, ukuze abangenayo bakhanyiselwe.

34Isibane somzimba liliso. Xa ke iliso lakho lilungile, umzimba wakho uphela uyakhanyiseleka; xa lithe alalunga, umzimba wakho usebumnyameni.

35Lumka ke, hleze ukukhanya okukuwe kube bubumnyama.

36Ukuba ngoko umzimba wakho uphela ukhanyiselekile, ungenandawo isebumnyameni, úya kukhanyiseleka uphela, kwanjengoko kunjalo xa isibane sithe sakukhanyisela ngelitha laso.”

UYesu ukhalimela abaFarasi nabachazi-mthetho
(Mat 23:1-36; Marko 12:38-40)

37Akuba uYesu ethethile, umFarasi othile wammema ukuba aye kutya kwakhe. Wafika ke, waya kuhlala etafileni.

38Akukubona oku, umFarasi wamangaliswa kukuba uYesu engathanga kuqala ahlambe phambi kokuba atye.

© 1996 Bible Society of South Africa.

39INkosi ke yathi kuye: “Kaloku nina baFarasi nihlamba umphandle wendebe
nesitya, kanti ngeentliziyo zenu nizungula ukuphanga nenkohlakalo.

40Ziyathandini, lo wawenzayo umphandle akawenzanga na kwanawo
umphakathi?

41Ngoko ke yiphani abasweleyo izinto ezingaphakathi kwindebe nesitya.
Nakwenjenjalo ke aniyi kuphinda nizikhathaze ngezinto ezinomlaza
nezingenawo.

42“Mawoo, nina baFarasi! Ninikela kuThixo ngesishumi semifuno
enjengetyeleba nenxina neminye, kanti niyabutyeshela ubulungisa
nokumthanda uThixo. Benimelwe kakade kukuzenza ezi zinto, kodwa
nezinye ningazityesheli.

43“Mawoo, nina baFarasi! Nithanda izihlalo eziphambili ezindlwini
zesikhungo, nokukhahlelwa emabaleni embutho.

44Mawoo, nina! Ninjengamangcwaba angasabonakaliyo, abathi abantu
bahambe phezu kwawo bengawazi.”

45Waphendula ke othile wakubachazi-mthetho, wathi kuye: “Mfundisi,
uthetha ngolu hlobo nje, uyasigxeka nathi.”

46Uthe ke yena uYesu: “Mawoo, nani bachazi-mthetho! Abantu nibathwalisa
imithwalo enzima, kanti nina le mithwalo aniyichukumisi nokuyichukumisa
nangomnwe lo.

47Mawoo! Nina nihombisa amangcwaba abashumayeli bamandulo, ukanti
bâbuláwa ngooyihlo.

48Nina ke nibonakalisa ukuvumelana kwenu nooyihlo, kuba bona bababulala
abashumayeli, kanti nina nihombisa amangcwaba abo.

49Kungoko uThixo ngokobulumko bakhe atshoyo ukuthi: ‘Ndiya kuthumela
abashumayeli nabathunywa ebantwini; inxenye baya kuyibulala, inxenye
baya kuyitshutshisa.’

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

50Lobizwa kwesi sizukulwana ke igazi labo bonke abashumayeli,
elaphalazwayo ukususela ekusekweni kwehlabathi,

51liqalela egazini lika-Abheli, lide lise egazini likaZakariya, owabulawa
phakathi kweqonga lamadini nendawo engcwele. Ewe, nditsho nangoku liya
kubizwa kwesi sizukulwana.

52“Mawoo, nina bachazi-mthetho! Nasisusa isitshixo solwazi. Nina ngokwenu
aningeni, kanti nabafuna ukungena niyabalela.”

53Ukumka kukaYesu apho, abachazi-mthetho nabaFarasi bacaphuka, bamana
bemlinga ngemibuzo emininzi,

54befuna ukumrhintyela ngentetho yakhe.

ULuka 12

Isilumkiso ngokuzenzisa
(Mat 10:26-27)

1Ekubeni kwakuhlanganisene amawaka-waka abantu ababebaninzi
ngokokude banyathelane, uYesu wathi kubafundi bakhe kuqala: “Lilumkeleni
igwele labaFarasi elikukuzenzisa.

2Akukho nto ifihliweyo ingayi kudizwa, nanto igqunyiweyo ingayi kwaziwa.

3Ngenxa yoko kothi enikuthethe ebumnyameni kuviwe ekuhleni,
nenikusebeze ngasese kukhwazwe phandle.”

Ofanelwe kukoyikwa
(Mat 10:28-31)

4“Ndithi kuni, zihlobo zam, musani ukuboyika abo babulala umzimba, baze
emva koko bangabi nanto yimbi banokuyenza.

5Nanku emanimoyike: yoyikani uThixo, yena lowo uthi emva kokubulala, abe
negunya lokuphosa esihogweni. Ewe, ndithi kuni, moyikeni yena.

6“Iintakana ezincinci azithengiswa zibe ntlanu na ngeesenti ezimbini? Kanti
akukho nanye kuzo elityelweyo nguThixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Kwaneenwele ezi zeentloko zenu zibaliwe zonke. Ke musani ukoyika:
nixabisekile kuneentakana ezininzi nina."

Ukuvuma uKrestu ekuhleni
(Mat 10:32-33; 12:32; 10:19-20)

8"Ke ndithi kuni, wonke umntu othe wandivuma phambi kwabantu, wothi
kwanaye uNyana woLuntu amvume phambi kwezithunywa zikaThixo.

9Ke ondikhanyelayo ebantwini wokhanyelwa naye kwizithunywa zikaThixo.

10"Nabani na ke othe wathetha ilizwi elichasene naye uNyana woLuntu,
woxolelwa; kodwa yena othe wanyelisa uMoya oyiNgcwele, akayi kuxolelwa.

11"Xa banimangalelayo ezindlwini zesikhungo, nakwabaphetheyo,
nakwabanamagunya, ze ningazixhaleli nisithi noziphendulela njani na,
okanye nothini na;

12kuba uMoya oyiNgcwele uya kuthi ngelo xesha anifundise oko
manikuthethe."

Umzekeliso ngesityebi esisisiyatha

13Omnye esihlweleni wathi kuYesu: "Mfundisi, yitsho kumntakwethu
sahlulelane ngelifa."

14Ke yena wathi kuye: "Mntundini, ndibekwe ngubani na ukuba ndibe
ngumgwebi nomahluli phakathi kwenu?"

15Wathi kubo: "Kulumkeleni konke ukubawa, kuba ubomi bomntu
abuxhomekekanga ebuninzini bezinto anazo."

16Waza uYesu wathetha umzekeliso kubo, esithi: "Umhlaba womntu othile
osisityebi wachuma kakhulu.

17Yena wacinga esithi: 'Ndiya kuthini na, kuba andinandawo ndinokusigcina
kuyo isivuno sam?'

18Waza wathi: 'Nantsi into endiya kuyenza: ndiya kubadiliza oovimba bam,
ndakhe abakhulu kunabo, ndiyihlanganisele kubo yonke ingqolowa yam
nendyebo yam;

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19ndize ke ndithi kuwo umphefumlo wam: Mphefumlo wam, unempahla
eninzi yeminyaka emininzi; phumla, yitya, sela, chwayita!'

20Ke uThixo wathi kuye: 'Siyathandini, ngobu busuku uya kwahlukana
nobomi bakho. Ziya kuba zezikabani ke ezo zinto uzilungisileyo?'

21Únjalo ke lowo uziqwebela ubutyebi, kodwa engenabutyebi kuThixo."

Themba uThixo
(Mat 6:25-34)

22Waza ke uYesu wathi kubafundi bakhe: "Kungoko ndithi kuni: musani
ukubuxhalela ubomi benu, nisithi notya ntoni na; ningawuxhaleli nomzimba
wenu, nisithi nonxiba ntoni na.

23Ubomi bungaphezulu kunokutya, nomzimba ungaphezulu kunesinxibo.

24Qondani ngamahlungulu la. Wona akahlwayeli, engavuni nokuvuna;
akanasisele, engenavimba; kanti noko uThixo uyawondla! Ke nina nibeke phi
na ukuxabiseka kuneentaka!

25Nguwuphi na kuni onokuthi ngokuxhala ongeze nentwana le ebudeni
bobomi bakhe?

26Ukuba ke aninako ukwenza neyona nto incinane, kungani na ukuba
nizixhalele ezinye?

27Qondani ngeenyibiba ukukhula kwazo. Azisebenzi, zingaluki nokuluka oku,
kanti ngenene naye uSolomon kubo bonke ubunewu-newu
bakhewayengavathiswanga nanjenganye kuzo.

28Ukuba ke uThixo wenjenje ukuyambesa ingca, yona isendle namhlanje, ize
ngomso iphoswe eziko, wobeka phi na ukunambesa nina, bantundini
balukholo luncinane!

29Nize ke ningaxhalabi nifuna ukuba ningatya ntoni na, nisele ntoni na!

30Ngabangakholwayo abahlala besukelana nazo zonke ezi zinto. Ke nina
ninoYihlo owaziyo xa niziswele.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

31Zondelelani ukulawulwa nguye; zothi ke zonke ezo zinto zongezelelwe kuni.”

Ubutyebi ezulwini
(Mat 6:19-21)

32“Musani ukoyika, mhlambi omncinane, kuba kukholekile kuYihlo ukunamkelela kulawulo lwakhe olutsha.

33Thengisani ngeninako, niphe amahlwempu. Zenzeleni izipaji ezingagugiyo, nibulondoloze ezulwini ubutyebi benu, apho bungapheliyo, kungasondeli sela, kungonakalisi nanundu.

34Kaloku apho bukhona ubutyebi benu, yoba lapho kwanentliziyo yenu.”

Izicaka eziphaphileyo

35“Hlalani niphaphile, nifinyezile, nezibane zenu zivutha,

36ninjengabantu abalindele ukubuya kwenkosi yabo emtshatweni, abothi, yakufika inkqonkqoze, bayivulele kwangoko.

37Zinoyolo ezo zicaka eyothi yakufika inkosi yazo, izifumane zilindile. Ndithi kuni, inene, loo nkosi iya kubhinqa, izihlalise phantsi ezo zicaka, ize isondele izilungiselele.

38Nokuba ke ithe yafika ezinzulwini zobusuku, okanye ekuzeni kokusa, yazifumana zilindile, zinoyolo ezo zicaka.

39Kakade ukuba umninindlu ebesazi ukuba isela lofika nini na, ebeya kulinda, angayiyekeli indlu yakhe iqhekezwe.

40Nani ke ngoko hlalani niphaphile, kuba uNyana woLuntu woza ngexesha eningamlindelanga ngalo.”

Ngokuthembeka
(Mat 24:45-51)

41Ke uPetros wathi kuYesu: “Nkosi, ngaba lo mzekeliso uwuthetha kuthi, okanye uwuthetha kubo bonke abantu?”

© 1996 Bible Society of South Africa.

42INkosi yathi: “Ngubani na osisicaka esithembekileyo nesiqondayo, eyothi
inkosi yaso isimisele phezu kwabendlu yayo, ukuze sibanike umxhesho wabo
ngexesha elililo?

43Sinoyolo eso sicaka eyothi inkosi yaso yakufika, isifumane sisenjenjalo.

44Ndithi kuni, inene, inkosi yothi eso sicaka isimise phezu kwayo yonke
impahla yayo.

45Kodwa ukuba eso sicaka sisuke sacinga sathi: ‘Inkosi yam ilibele;’ size ke
sisuke sizibethe ezinye izicaka nezicakakazi, sidle, sisele, sinxile;

46yofika inkosi yeso sicaka ngemini esingayilindelanga, nangelixa
esingalaziyo, ize isixabele isinqumle kubini njengoko kusenziwa
kwabangathembekanga.

47“Isicaka esikwaziyo oko kufunwa yinkosi yaso, sisuke singakukhathaleli,
singakwenzi, siya kubethwa imivumbo emininzi.

48Ke isicaka esingaqondiyo sisuke senze okufanelwe yimivumbo, siya
kubethwa ibe mbalwa. Kubo bonke abanikwe okuninzi, kuya kufunwa
okuninzi; nakulowo unikwe ngokungaphezulu, kuya kubizwa
ngokungaphezulu.”

Imbambano engoYesu
(Mat 10:34-36)

49“Ndizise umlilo ehlabathini; hayi ukunqwenela kwam ukunga
ungewusewuvutha!

50Kukho lubhaptizo ndifanele ukubhaptizwa ngalo; ke ndisezimbandezelweni
ezinkulu lude lufezeke!

51Niba ndizise uxolo na ehlabathini? Ndithi kuni, hayi, ndizise imbambano!

52Kuya kuthi, ukususela ngoku, kubekho abahlanu ndlwini-nye bengavani;
abathathu bengavani nababini, nababini bengavani nabathathu;

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

53ibe yiyantlukwano phakathi koyise nonyana, unyana noyise; unina
nentombi, intombi nonina; uninazala nomolokazana, umolokazana no
ninazala."

Ukucalula ixesha
(Mat 16:2-3)

54UYesu wathi kwisihlwele: "Xa nithe nabona ilifu livela entshonalanga
nikhawuleza nithi: 'Iza kuna;' kuze kube njalo.

55Naxa kukho umoya ovela entlango, nithi: 'Kuya kuba shushu;' kuze kube
njalo.

56Mamenemenendini, niyakwazi ukuyiqonda imo yezulu. Kungani na ke
ukuba ningayicaluli yona le mihla?"

Lungisana nokumangalelayo
(Mat 5:25-26)

57"Kungani na ukuba nina ngokwenu ningenzi sigqibo ngoko kulungileyo?

58Xa usiya enkundleni unommangaleli wakho, yithi kwalapho endleleni
uzame ukulungisana naye, hleze akurhuqele enkundleni, aze umgwebi
akunikele kumsila, yena akuphose entolongweni.

59Inene, akusayi kuphuma apho de uhlawule neyona malana yokugqibela."

ULuka 13

Guqukani hleze nife

1Kwangelo xesha ke kwabakho abathile abâmxeleláyo uYesu ngamaGalili,
awathi esenzela uThixo amadini, abulawa nguPilato.

2Waphendula uYesu wathi kubo: "Niba loo maGalili ebengabôni ngaphezulu
kwawo onke amanye amaGalili, kuba evé ubunzima obunjalo?

3Nakanye! Inene, nani ukuba anithanga niguquke, notshabalala
kwangokunjalo nonke.

4Khanitsho ke, bona abo balishumi elinesibhozo abawelwa yinqaba eSilowa
bafa, niba babenetyala ngaphezu kwabo bonke abantu baseJerusalem?

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Nakanye! Inene, nani ukuba anithanga niguquke notshabalala kwangokunjalo nonke.”

Umzekeliso ngomkhiwane ongathwali siqhamo

6UYesu ke wabenzela lo mzekeliso: “Ubani wayenomkhiwane utyalwe esidiliyeni sakhe, weza efuna isiqhamo kuwo, waza akafumana nto.

7Wathi ke kosebenza esidiliyeni: ‘Uyabona, ndiminyaka mithathu ndisiza ndifuna isiqhamo kulo mkhiwane, ndingafumani nto. Wugawule! Yini na ukuba ude uphuthise nomhlaba lo?’

8Waphendula yena wathi kuye: ‘Nkosi, khawuwuyeke nakulo mnyaka, ndikhe ndimbe ndiwujikeleze, ndigalele umgquba.

9Ukuba ke uthe wavelisa isiqhamo, woseluwuyeka; kodwa ukuba akubanga njalo, wogawulwa.’ ”

Ukuphiliswa komfazi ongumlwelwe ngoMhla woPhumlo

10Ke kaloku ngomnye uMhla woPhumlo uYesu wayefundisa ndlwini yesikhungo ithile.

11Apho kwakukho umfazi owayenendimoni eyamgulisa iminyaka elishumi elinesibhozo. Wayegobile, engenako mpela ukuma nkqo.

12Akuba uYesu embonile, wambiza, wathi kuye: “Mfazi, ukhululekile ebulwelweni bakho.”

13Wambeka izandla, waza ke lo mfazi wema nkqo kwangoko, wabulela uThixo.

14Ke lona igosa lendlu yesikhungo, licaphukile kuba uYesu ephilise ngoMhla wokuPhumla, lathi kwisihlwele: “Mithandathu imihla ekufanele ukusetyenzwa ngayo. Yizani ngayo niphiliswe, kungabi ngawo uMhla wokuPhumla.”

15Yaphendula ke iNkosi, yathi: “Mamenemenendini, ngubani na kuni ongayikhululiyo ngoMhla woPhumlo emkhumbini wesitali inkomo yakhe, okanye idonki yakhe, ayirhole esiya kuyiseza?

© 1996 Bible Society of South Africa.

16Lo ke, eyintombi ka-Abraham nje, owayebotshiwe le minyaka ilishumi
elinesibhozo nguSathana, ubengamelwe kukukhululwa na kulo mabophe
ngoMhla woPhumlo?”

17Akuba etshilo, basuka badana bonke ababechasene naye. Ke sona isihlwele
sasivuya ngenxa yazo zonke izinto ezintle awayezenza.

Umzekeliso ngokhozo lwemostade
(Mat 13:31-32; Marko 4:30-32)

18Ke uYesu wathi: “Lufana nantoni na ulawulo lukaThixo? Ndingaluzekelisa
ngamzekeliso mni na?

19Lufana nokhozo lwembewu yemostade, awaluthathayo umntu,
waluhlwayela esitiyeni sakhe, lwaza lwakhula lwaba ngumthi, zathi iintaka
zakha iindlwane zazo emasebeni awo.”

Umzekeliso ngegwele
(Mat 13:33)

20UYesu waphinda wathi: “Ndingaluzekelisa ngamzekeliso mni na ulawulo
lukaThixo?

21Lufana negwele, awalithathayo umfazi, walixovulela kumgubo ozizitya
ezithathu, laza layinyusa yonke intlama.”

Isango elimxinwa
(Mat 7:13-14,21-23)

22UYesu wacanda kwiidolophu needolophana, ehamba efundisa, esinga
eJerusalem.

23Umntu othile wathi kuye: “Nkosi, bambalwa na abo basindiswayo?” UYesu
ke wathi kubo:

24“Zamani ukungena ngesango elimxinwa. Ndithi kuni, baninzi abaya kufuna
ukungena, bangabi nako.

25“Xa selethe waphakama umninindlu, wavala emnyango, nothi nina, nime
ngaphandle, ninkqonkqoze emnyango, nisithi: ‘Nkosi, sivulele.’ Wophendula
ke umninindlu, athi kuni: ‘Andinazi apho nivela khona.’

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

26Ke ngoko nina nothi: ‘Kaloku sikhe satya, sasela, ukho nawe; nawe
wafundisa ezitalatweni zethu.’

27Kodwa yena wothi: ‘Inene, andinazi apho nivela khona. Mkani kum, nina
nonke benzi bobubi.’

28Khona apho niya kulila ningcungcutheke, xa nibona uAbraham noIsake
noYakobi nabo bonke abashumayeli bamandulo bexhamla ubuncwane
bokulawulwa nguThixo, nibe nina nikhutshelwe ngaphandle.

29Abantu bofika bevela empumalanga nasentshonalanga, bevela ngasentla
nangasezantsi, babuxhamle ubuncwane bokulawulwa nguThixo.

30Niyabona ke, bakho abokugqibela abaya kuba ngabokuqala, bekho
nabokuqala abaya kuba ngabokugqibela.”

UYesu ubuhlungu ngeJerusalem
(Mat 23:37-39)

31Kwangelo xesha kwafika abaFarasi abathile, bathi kuYesu: “Phuma umke
apha, kuba uHerode ufuna ukukubulala.”

32Wathi kubo: “Yiyani nithi kuloo mpungutye: ‘Uyabona, ndikhupha
iindimoni, ndiphilise, namhlanje nangomso, ndithi ngowesithathu umhla
ndigqibe.’

33Kodwa ndimelwe kukuthi ndihambe namhlanje nangomso nangomsomnye,
kuba umshumayeli akangekhe abulawe kwenye indawo ngaphandle
kwaseJerusalem.

34“Jerusalem, Jerusalem, wena ubabulalayo abashumayeli, ubakhande
ngamatye abo bathunywa kuwe nguThixo! Kunini na ndifuna ukubawola
abantu bakho ngokwesikhukukazi esigquma amantshontsho aso ngamaphiko,
waza wena awavuma.

35Niyabona, uThixo uyanifulathela nomzi wenu. Inene, aniyi kuba sandibona
de kufike ixesha eniya kuthi: ‘Makabongwe lowo uzayo egameni leNkosi.’ ”

ULuka 14

UYesu uphilisa isigulana

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1 NgoMhla othile wokuPhumla uYesu waya kutya kumzi womFarasi owayeyinkokheli. Bahlala ke bemlalele.

2Kwabonakala kukho ndoda ithile phambi kwakhe, inesifo somlambo.

3Waza ke uYesu wabuza kubachazi-mthetho nabaFarasi, esithi: “Ngaba kuvumelekile na ukuphilisa ngoMhla woPhumlo?”

4Bathi cwaka ke bona. Wayithatha ke indoda leyo, wayiphilisa, wayindulula,

5wathi kubo: “Ngaba ngubani na kuni ongayi kuthi, yakweyela equleni inkwenkwe yakhe okanye inkomo yakhe, angayikhuphi kwangoko, nokuba kungoMhla wokuPhumla?”

6Bakhohlwa kukumphendula kwezo zinto.

UYesu ucebisa omenywayo nomemayo

7Akuyibona indlela abamenyiweyo abazisukela ngayo izihlalo eziphambili, uYesu uthethe umzekeliso kubo, esithi:

8“Xa uthe wamenyelwa emsithweni ngumntu, uze ungayi kuhlala kwesona sihlalo siphambili, hleze kuthi kanti ohloniphekileyo kunawe naye umenyiwe,

9eze ke lowo unimemileyo aze athi kuwe: ‘Khawudedele lo mntu.’ Ke wena uya kunyoshoza, uye kuhlala kwindawo esekugqibeleni.

10Ke ngoko, xa uthe wamenywa, uze uye kuhlala kwindawo esekugqibeleni, ze kuthi akufika lowo ukumemileyo, athi kuwe: ‘Sihlobo, nyukela ngasentla.’ Wothi ke uhlonelwe ngabo bonke abo unabo emsithweni;

11kaloku wonke umntu oziphakamisayo uya kuthotywa, nozithobayo uya kuphakanyiswa.”

12UYesu ke wabhekisa kulowo wayemmemile, wathi: “Xa ubizela abantu esidlweni, uze ungamemi zihlobo zakho, nabantakwenu, nazizalwane zakho, nabamelwane bakho abazizityebi, hleze nabo baphinde bakumeme, kuze oko kube yimbuyekezo kuwe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Yithi xa wena unesidlo, umeme amahlwempu, iziqhwala, izilima, neemfama.

14Wosikeleleka ke, kuba àbanako ukuphinda bakumeme bona – wena wobuyekezwa ekuvukeni kwamalungisa.”

Umzekeliso ngesidlo esikhulu
(Mat 22:1-10)

15Ke kaloku, akuziva ezo zinto omnye kwabo babesemsithweni kunye noYesu, wathi kuye: “Unoyolo lowo uxhamla ubuncwane esidlweni solawulo lukaThixo.”

16Waza ke yena wathi kuye: “Umntu othile wênza isidlo esikhulu, wamema abantu abaninzi.

17Ngexesha lesidlo uthume isicaka sakhe ukuba siye kuxelela abamenyiweyo ukuba beze, kuba konke kwakusekulungisiwe.

18Baza ke bonke ngabanye bazilandula, owokuqala esithi kuye: ‘Ndithenge intsimi. Kufuneka ndiphume ndiye kuyibona. Ndiyakucela, ndixolele; andiphumeleli.’

19Omnye wathi: ‘Ndithenge iinkabi ezilishumi. Ndisaya kuziva. Ndiyakucela, ndixolele; andiphumeleli.’

20Nomnye wathi: ‘Ndisand' ukutshata. Ngenxa yoko andinakuza.’

21Ke isicaka eso sibuyele enkosini yaso, sayixelela ezo zinto. Waza waqumba umnini-ndlu, wathi kwisicaka sakhe: ‘Khawuleza uye ezitalatweni nasezirhangeni zedolophu, uqokelele amahlwempu nezilima neemfama neziqhwala.’

22Saza isicaka sathi: ‘Nkosi, kwenzeké njengoko uyalele, kanti indawo isekho.’

23Yathi inkosi kwisicaka eso: ‘Phuma uye ezindleleni, nasezindledlaneni, ubanyanzele bangene, ukuze indlu yam izale.

24Inene, akukho namnye kuloo madoda abemenyiwe iya kusiva isidlo sam.’ ”

Ukulandela uYesu nokuzincama
(Mat 10:37-38)

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

25Kwakukho isihlwele sihamba noYesu, waza wajika wathi kuso:

26“Ukuba ubani uza kum, angancami uyise, nonina, nomfazi, nabantwana, nabantakwabo, noodade wabo, ewe, kwanobakhe ubomi obu, akanakuba ngumfundi wam.

27Nosukuba engawuthwali umnqamlezo wakhe andilandele, akanakuba ngumfundi wam.

28“Kaloku nguwuphi na kuni othi, efuna ukwakha inqaba, angàthi kuqala ahlale phantsi, abale indleko, ethelekelela ukuba unazo na izinto zokuyigqiba?

29Kungenjalo, kunokuthi selesenzile isiseko, angabi nako ukugqiba, baze bonke ababonelayo bahlekise ngaye,

30besithi: ‘Lo mntu waqala ukwakha, wakhohlwa kukugqiba.’

31“Kananjalo nguwuphi na ukumkani onokuthi esiya kuqubisana nomnye emfazweni, angàthi nqumama, abhunge kuqala ukuba unako na ukumelana notshaba olumkhawulelayo lungamashumi amabini amawaka lona, enashumi linye lamawaka amajoni kuphela nje yena?

32Ukuba ke akanako, uthi esekude omnye ukumkani, athumele izigidimi, acele imiqathango yoxolo.

33Ngokukwanjalo ke, wonke umntu kuni ongazishiyiyo zonke izinto anazo, akanakuba ngumfundi wam.”

Ityiwa engenasongo
(Mat 5:13; Marko 9:50)

34“Ityiwa ilungile, kodwa ukuba ithe ayaba nasongo noyithini na ukuyibuyisela isongo?

35Ayiwulungelanga umhlaba, ingawulungelanga nomgquba. Iyalahlwa. Oneendlebe zokuva makeve.”

ULuka 15

Umzekeliso ngegusha eyayilahlekile
(Mat 18:12-14)

© 1996 Bible Society of South Africa.

1Ke kaloku into eninzi yabaqokeleli-rhafu naboni yasondela kuYesu,
yamngqonga ukuba imphulaphule.

2 AbaFarasi nabachazi-mthetho babekhalaza, besithi: “Lo mfo uthene nca
naboni; utya nabo.”

3Waza ke uYesu wenza umzekeliso wathi:

4“Nguwuphi na kuni onokuthi enekhulu leegusha, kuze kulahleke enye kuzo,
angazishiyi endle ezo zimashumi alithoba anethoba, aye kufuna leyo
ilahlekileyo, ade ayifumane?

5Hayi ukuvuya kwakhe ke akuba eyifumene! Woyithwala emagxeni,

6athi akufika ekhaya, abizele ndawonye abahlobo nabamelwane, esithi kubo:
‘Vuyisanani nam, kuba ndiyifumene igusha yam ebilahlekile.’

7Ndiyanixelela ukuba ngokukwanjalo kuya kubakho uvuyo ezulwini
nangomoni omnye oguqukayo kunamashumi alithoba anethoba lamalungisa
angaswelanga nguquko.”

Umzekeliso ngemali eyayilahlekile

8“Kananjalo nguwuphi na umfazi onokuthi eneenkozo zemali ezilishumi, kuze
kulahleke lube lunye kuzo, angalumeki isibane, atshayele indlu, afunisise
enyamekile, ade alufumane?

9Akulufumana ke, ubabizela ndawonye abahlobo nabamelwane, athi:
‘Vuyisanani nam; ndilufumene ukhozo lwemali obelulahlekile.’

10Ngokunjalo ndithi kuni kuya kubakho uvuyo kwizithunywa zikaThixo
ngomoni omnye oguqukayo.”

Umzekeliso ngomntu noonyana bakhe ababini

11Waqhuba uYesu wathi: “Umntu othile wayenoonyana ababini.

12Yathi ke inci kuyise: ‘Bawo, ndinike isabelo sempahla elilungelo lam.’
Wababela ke impahla leyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

13Kwathi, kungekabi ntsuku zingaphi, inci yathatha konke okwayo, yemka kwelakowayo, yaya ezweni elikude, yaza yathi khona apho yayichitha impahla yayo ngokungakhathali.

14Kwathi yakuba iyichithe yonke, kwabakho indlala enzima kwelo zwe, yaza yaswela nayo.

15Ke yona yaya kusebenza komnye kubemi belo zwe, owathi yena wayithumela emasimini akhe ukuba iye kwalúsa iihagu.

16Ke ibinqwenela ukutya amaxolo awayetyiwa ziihagu ezo, kodwa kwakungekho mntu uyiphayo.

17Ke kaloku, yakubuyela ezingqondweni, yathi: ‘Kanene bangakanani na abaqeshwa bakabawo abahlutha sisonka, kanti ndim lo mna ndisifa yindlala!

18Ndiya kusuka ndiye kubawo, ndithi kuye: Bawo, ndimonile uThixo, nawe ndikonile.

19Andisafanelanga nokuba kuthiwe ndingunyana wakho, ndénze ndibe njengomnye wabaqeshwa bakho.’

20Yesuka ke, yaya kuyise. “Ke kaloku kwathi, isekude lee, uyise wayibona, wavelana nayo, wayikhawulela, wayigona, wayanga.

21Ke unyana wathi kuye: ‘Bawo, ndimonile uThixo, nawe ndikonile. Andisafanelanga nokuba kuthiwe ndingunyana wakho.’

22Kodwa uyise wathi kwizicaka zakhe: ‘Khawulezisani, nize nesona sambatho sihle, nimambathise, nifake umsesane emnweni wakhe, nezihlangu ezinyaweni zakhe.

23Ze ke nize nelaa thole lityetyisiweyo, nilixhele, sitye sichwayite;

24kuba lo nyana wam ubefile, wabuya waphila; ubelahlekile, wafunyanwa.’ Baza ke bona bachwayita.

25“Ke yona inkulu yayivela emasimini, kwathi yakusondela endlwini, yeva iingoma nokududa.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

26Yabizela kuyo esinye kwizicaka, yasibuza ukuba kwenzeka ntoni na.

27Isicaka sathi kuyo: ‘Umninawe wakho ubuyile. Ke uyihlo uxhele elaa thole lityetyisiweyo, kuba ebuye wamzuza ephilile.’

28Yaqumba inkulu, ayavuma nokungena oku, waza uyise waphuma wacengana nayo.

29Kodwa yona imphendule uyise yathi: ‘Khangela, ndikukhonze le minyaka ingakanana, ndingazange ndagqitha namnye umthetho wakho, kanti akuzange undinike netakane eli, ukuze ndichwayite nezam izihlobo.

30Kodwa akufika lo nyana wakho, lo wayidlayo wayigqiba impahla yakho namahenyukazi, usuke wamxhelela elaa thole lityetyisiweyo.’

31Ke uyise wathi kuyo: ‘Nyana wam, wena uhleli unam, zaye zonke izinto zam zezakho.

32Kufanelekile ukuba sichwayite sigcobe, kuba umninawa wakho lo ebefile wabuya waphila, ebelahlekile wafunyanwa.’ ”

ULuka 16

Umzekeliso ngegosa

1Ke uYesu wathi kubafundi bakhe: “Kwakukho sityebi sithile esasinegosa, elathi lona lamangalelwa kuso ngokuyichitha impahla yaso.

2Silibizile ke, sathi kulo: ‘Yintoni le ndiyivayo ngawe? Khawenze ingxelo yobugosa bakho, kuba akusayi kuba saba ligosa.’

3Lacinga ke igosa lathi: ‘Ndiya kuthini, bethu, inkosi yam indisusa nje ebugoseni? Ndiphangele? Hayi, kuyandoyisa! Ndingqibe? Hayi, ndineentloni!

4O-o-o, ndiyayazi into endiya kuyenza, ukuze xa ndithe ndasuswa ebugoseni bandamkele ezindlwini zabo abantu.’

5“Ke libabizele kulo ngabanye abanamatyala enkosini yalo, lathi kowokuqala: ‘Unatyala lingakanani na enkosini yam?’

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6Wathi yena: ‘Likhulu leengqayi zeoyile yomnquma.’ Lathi kuye: ‘Thatha iphepha lakho, ukhawuleze uhlale phantsi, ubhale amashumi amahlanu.’

7Emva koko lathi komnye: ‘Wena ke unatyala lingakanani?’ Wathi yena: ‘Likhulu leengxowa zengqolowa.’ Lathi kuye: ‘Thatha iphepha lakho, ubhale amashumi asibhozo.’

8“Yaza inkosi yalo yalincoma ngokundweba kwalo eli gosa linamaqhinga; kuba kwezobulumko obusingisele koogxa babo, abeli phakade bayabagqitha abakhanyiselwe nguThixo.”

9Waqhuba ke uYesu wathi: “Nam ndithi kuni, ubutyebi obu bùdla ngokufunyanwa ngobuqhetseba, busebenziseni nina ngendlela eya kunakhela ubuhlobo, khon' ukuze nakuphelelwa bobo butyebi, nibe nokwamkelwa eminqubeni yaphakade.

10Othembekileyo kokuncinane, uthembekile nakokukhulu; nongathembekanga kokuncinane, akathembekanga nakokukhulu.

11Ukuba ngoko anibanga nakuthembeka kubutyebi beli phakade, ngubani na onokunithemba kobo butyebi bububo?

12Ukuba anibanga nakuthembeka kokukokomnye, ngubani na onokuninika okukokwenu?

13“Akukho sicaka sinokukhonza iinkosi ezimbini, kuba siya kuyithiya le, siyithande leya, okanye sibambelele kule, siyidele leya. Aninako ukukhonza uThixo kwanobutyebi.”

Umthetho kaMosis nolawulo lukaThixo
(Mat 11:12-13; 5:31-32; Marko 10:11-12)

14Ke nabaFarasi, amathanda-mali, bamvile uYesu ekuthetha konke oku, baza bamnximzela;

15waza wathi kubo: “Nina ningabazenza amalungisa phambi kwabantu, kodwa uThixo uyazazi iintliziyo zenu. Ke oko kuxatyisiweyo ngabantu kulizothe kuThixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

16“Kwakulawula umthetho kaMosis nezibhalo zabashumayeli bamandulo
kwada kwaba yimihla kaYohane umbhaptizi. Ukususela ngoko
kushunyayelwa iindaba ezimnandi zolawulo lukaThixo oluthwasileyo. Ke
bonke beza kulo begxalathelana.

17Kulula ukuba lidlule izulu nehlabathi kunokuba kucinywe nechaphazana eli
lomthetho.

18“Wonke umntu omalayo umfazi wakhe, azeke omnye, uyakrexeza; nomntu
wonke ozeka umfazi owalene nendoda yakhe, uyakrexeza.”

Umzekeliso ngesityebi noLazaro

19“Kwakukho sityebi sithile, esasivatha ezimbeje-mbeje, sisitya oozimuncu-
muncu yonke imihla.

20Esangweni laso kwakudla ngokusiwa hlwempu lithile, ligama linguLazaro,
elalizele zizilonda,

21lisoloko linqwenela ukutya nokuba yimvuthuluka ewa etafileni yesityebi
eso. Bezisiza izinja, zikhothe izilonda zalo.

22“Ke kaloku lafa ihlwempu elo, lasiwa kuAbraham zizithunywa zezulu. Safa
ke nesityebi, sangcwatywa.

23Sathi, sikwelabafileyo, saphakamisa amehlo aso sisentuthumbeni, sambona
uAbraham ekude, uLazaro enaye.

24Samemeza ke, sathi: ‘Bawo, Abraham, ndénzele inceba, uthume uLazaro
ukuba athi nkxu incam yomnwe wakhe emanzini, aphozise ulwimi lwam,
kuba ndiyathuthunjelwa kweli langatye!’

25“Kodwa uAbraham wathi: ‘Nyana, khumbula ukuba wena ebomini bakho
wawufumana izinto ezimnandi, uLazaro yena efumana ezimbi; ngoku yena
uyathuthuzelwa apha, kanti wena uyathuthunjelwa.

26Kodwa ke, ngaphandle kwale nto yonke, phakathi kwethu nani kuthiwe
zinzi umsantsa omkhulu, ukuze abathanda ukuwela, besuka apha besiya kuni,
bangabi nako, nokuthi abalapho kuni bangabi nakuwelela kuthi.’

© 1996 Bible Society of South Africa.

27Sathi ke isityebi: ‘Ndiyakubongoza ke ngoko, bawo, ukuba umthume emzini kabawo,

28kuba ndinabantakwethu abahlanu. Makabaqononondise ukuze bangàthi nabo beze kule ndawo yentuthumbo.’

29“Kodwa uAbraham wathi kuso: ‘ Banomthetho kaMosis neencwadi zabashumayeli bamandulo; mabeve zona.’

30Sathi ke sona: ‘Hayi, bawo Abraham; ukuba kuthe kwaya kubo ovela kwabafileyo, boguquka.’

31Wathi kuso: ‘Ukuba bathe ababeva ooMosis nabashumayeli, abayi koyiseka nokuba kuthe kwavuka bani kwabafileyo.’ ”

ULuka 17

Ukukhubekisa nokuxolela

(Mat 18:6-7,21-22; Marko 9:42)

1UYesu wathi kubafundi bakhe: “Azinakungehli izinto ezibakhubekisayo abantu; kodwa hayi ilishwa laloo mntu kuza ngaye ukukhubekisa!

2Kunokuba akhubekise nokuba mnye kwaba bancinane, ngekumlungele kanye ukuba agangxwe ilitye lokusila entanyeni, aphoswe elwandle.

3Zilumkeleni. “Ukuba uwenu uthe wakona, mkhalimele; ke ukuba uthe wazohlwaya, mxolele.

4Nokuba uthe wakona kasixhenxe ngemini, waza wabuyela kuwe kasixhenxe ngemini, esithi: ‘Ndiv' intw' embi, ndixolele;’ wena uze umxolele.”

Ukuzinikela

5 Abathunywa bâthi kuyo iNkosi: “Sandisele ukholo.”

6Ke iNkosi yathi: “Ukuba beninokholo olungangokhozo lwembewu yemostade, beninokuthi kulo mthi: ‘Ncothuka, umiliseleke phakathi elwandle;’ uze unive.”

Okulindeleke kwisicaka

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7“Nguwuphi na kuni onokuthi enesicaka silima okanye sisalusa, kuthi
sakufika isicaka sivela emasimini, athi kuso kwangoko: ‘Hlala phantsi, utye’?
8Úya kuthi: ‘Ndilungiselele into etyiwayo, ubhinqe, undiququzelele nditye
ndisele; ze ke emva koko utye usele nawe.’
9Isicaka asibulelwa ngokwenza loo nto siyimiselweyo, anditsho?
10Ngokukwanjalo nani, xa nithe nazenza zonke izinto enizimiselweyo, yithini:
‘Sizizicaka nje; senzé oko besimelwe kukukwenza.’ ”

UYesu uhlambulula abalishumi abaneqhenqa

11Ke kaloku ekuhambeni kukaYesu esiya eJerusalem, ucande phakathi
kwelamaSamariya nelaseGalili.
12Ekungeneni kwakhe kwidolophana ethile, wahlangatyezwa ngamadoda
alishumi aneqhenqa; aza amela mgama.
13Akhwaza ke esithi: “Yesu, Mhlekazi, senzele inceba!”
14Ewabonile, wathi kuwo: “Hambani niye kuzibonakalisa kubabingeleli.”
Kwathi ke ekuyeni kwawo ahlanjululwa.
15Yathi enye kuwo, yakubona ukuba iphilisiwe, yabuya imncoma kakhulu
uThixo;
16yaza yaziphosa ezinyaweni zikaYesu, ibulela kuye. Le ndoda
yayingumSamariya.
17Waza ke uYesu wathi: “Bekungahlanjululwanga balishumi na? Baphi na ke
abalithoba?
18Kutheni ke ukuba ibe ngulo wolunye uhlanga yedwa othe wabuya esiza
kubulela uThixo?”
19Wathi kwindoda leyo: “Phakama, uhambe; ukholo lwakho lukuphilisile.”

Ukuthwasa kolawulo olutsha lukaThixo

(Mat 24:23-28,37-41)

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

20Ke kaloku uYesu akubuzwa ngabaFarasi ukuba ukulawula kukaThixo kuya
kuqala nini na, uphendule wathi: “Ulawulo lukaThixo alubonakali ukuthwasa
kwalo.

21Kananjalo akuyi kuthiwa: ‘Nalu apha! Naluya phaya!’ Kuba kaloku ulawulo
lukaThixo seluthwasile. ”

22Ke wathi kubo abafundi: “Kuya kufika imihla eniya kunqwenela ngayo
ukubona nokuba mnye umhla wakhe uNyana woLuntu ningawuboni.

23Baya kuthi kuni: ‘Nankuya phaya! Nanku apha!’ Ze ningayi ke,
ningabalandeli nokubalandela;

24kuba kwanjengokuba umbane usithi menye ucanda isibhakabhaka, woba
njalo ngomhla wakhe uNyana woLuntu.

25Kodwa kuqala uNyana woLuntu umelwe kukuva ubunzima obukhulu,
alahlwe sesi sizukulwana.

26Njengoko kwakunjalo ngemihla kaNowa, koba kwanjalo ngemihla yakhe
uNyana woLuntu.

27Babesidla, besela, bezeka, besendisa, kwada kwangumhla wokungena
kukaNowa enqanaweni; wafika unogumbe, wabatshabalalisa bonke.

28Kwaba kwanjalo nangemihla kaLothe. Babesidla, besela, bethenga,
bethengisa, betyala, besakha;

29kodwa ngemini awaphuma ngayo uLothe eSodom, kwawa umlilo nesalfure
ezulwini, batshatyalaliswa bonke.

30Kuya kuba njalo kanye ngemini yokubonakala kwakhe uNyana woLuntu.

31“Ngaloo mhla makangathi ophezu kwendlu ehle aye kuzithatha iimpahla
zakhe ezisendlwini. Kwangokunjalo nosemasimini makangabuyeli
kokushiyekileyo.

32Khumbulani ngomka-Lothe!

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

33Umntu ofuna ukusindisa ubomi bakhe, wolahlekelwa bubo; nothe
wabulahla, uya kubulondoloza.

34Inene ngobo busuku kothi abantu bebabini belele ndawonye, omnye
athathwe, omnye ashiywe.

35Abafazi ababini bothi besila ndawonye, omnye athathwe, omnye ashiywe.

[36Amadoda amabini othi esentsimini, enye ithathwe, enye ishiywe.]”

37Ke abafundi baphendula bathi kuYesu: “Phi na, Nkosi?” Yaza ke yathi kubo:
“Apho sikhoyo isidumbu kulapho aya kuhlanganisana khona amaxhalanga.”

ULuka 18

Umzekeliso ngomhlolokazi nomgwebi ongenabulungisa

1UYesu wabenzela umzekeliso ukubakhuthaza ukuba bahlale bethandaza
bengatyhafi,

2wathi: “Kwidolophu ethile kwakukho umgwebi owayengamoyiki uThixo,
engahloneli mntu.

3Ke kuloo dolophu kwakukho mhlolokazi uthile ubemana esiza kuye athi:
‘Ndikhulule kummangaleli wam.’

4Kwaba mzuzu engavumi, kodwa kamva waqiqa esithi: ‘Nakuba
ndingamoyiki uThixo, ndingahloneli namntu,

5noko, ngenxa yokuba lo mhlolokazi endikhathaza, ndomgwebela
ndimkhulule, hleze ndide ndikruquke nguye.’ ”

6Yaqhuba ke iNkosi yathi: “Kuveni okuthethwa ngulo mgwebi
ungenabulungisa.

7Ngaba yena uThixo akayi kubaphindezelela na abanyulwa bakhe abakhala
kuye imini nobusuku? Akayi kukhawuleza na ukubanceda?

8Ngenene, uya kubaphindezelela kamsinya. Kodwa ke, akufika yena uNyana
woLuntu, ngaba wolufumana na ukholo ehlabathini apha?”

Umzekeliso ngomFarasi nomqokeleli-rhafu

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Ke kaloku uYesu uthethe lo mzekeliso kwabathile, ababekholose
ngokuzicingela ukuba bangamalungisa, bebadelile abanye:

10“Amadoda amabini enyuka aya endlwini kaThixo, esiya kuthandaza. Enye
yayingumFarasi, enye ingumqokeleli-rhafu.

11“Ke yena umFarasi wayemi ethandaza esithi: ‘Thixo, ndiyabulela kuba
ndingènjengabanye abantu, abaphangi, izikhohlakali, abakrexezi,
ndingènjengaye nalo mqokeleli-rhafu.

12Ndizila ukutya kabini ngeveki. Ndinikela ngesishumi sako konke
endikuzuzayo.’

13“Ke yena umqokeleli-rhafu wayemi qelele, engathandi nokuwaphakamisela
ezulwini amehlo akhe. Wayemana eziphothula izandla, esithi: ‘Thixo, yiba
netarhu kum, mna moni.’

14Inene, wagoduka umqokeleli-rhafu lowo elilungisa kuThixo kunomFarasi
lowo; kuba kaloku wonke umntu oziphakamisayo uya kuthotywa,
nozithobayo uya kuphakanyiswa.”

UYesu usikelela abantwana
(Mat 19:13-15; Marko 10:13-16)

15Abantu babesiza neentsana zabo kuYesu ukuze azibeke izandla. Beyibonile
loo nto, abafundi babakhalimela.

16Ke yena uYesu wazibizela kuye iintsana, esithi: “Bayekeni abantwana beze
kum, ningabanqandi, kuba ábalawulwa nguThixo ngabanjengabo.

17Ndithi kuni, inene, othe akakuthobela njengomntwana ukulawulwa
nguThixo, soze abuve ubuncwane bolo lawulo.”

Umfana osisityebi
(Mat 19:16-30; Marko 10:17-31)

18Umphathi othile wabuza kuYesu esithi: “Mfundisi olungileyo, ndingenza
ntoni na ukuze ndibudle ilifa ubomi obungunaphakade?”

19UYesu wathi kuye: “Kutheni usithi ndilungile nje? Akukho mntu ulungileyo.
Mnye kuphela olungileyo: nguThixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

20Uyayazi imithetho ethi uze ungakrexezi; uze ungabulali; uze ungebi; uze
ungangqini ubuxoki; beka uyihlo nonyoko. ”

21Ke yena wathi: “Zonke ezo zinto ndazigcina kwasebuncinaneni bam.”

22Ekuvile oko uYesu, wathi kuye: “Kusekho into enye oyisweleyo: zithengise
zonke izinto onazo, wabele amahlwempu imali leyo; woba nobutyebi
ezulwini; uze kum, ube ngumlandeli wam.”

23Ezivile ezo ndawo, wadana, kuba wayesisinhanha.

24UYesu, ekubona ukudana kwakhe, wathi: “Hayi ubunzima bokuba izityebi
zikuxhamle ukulawulwa nguThixo.

25Kungâlula ukuba inkamela iphumele entunjeni yenaliti, kunokuba isityebi
sixhamle ubuncwane bokulawulwa nguThixo. ”

26Abo bevayo ke bathi: “Ngubani ke onokusindiswa?”

27Waza uYesu wathi: “Oko aba umntu akunakwenzeka, kunokwenziwa
nguThixo.”

28Ke uPetros wathi: “Khangela, thina sishiye zonke izinto sakulandela.”

29Waza uYesu wathi kubo: “Ndithi kuni, inene, akukho namnye ushiye indlu,
nokuba ngumfazi, nokuba ngabantakwabo, nokuba ngabazali, nokuba
ngabantwana, ngenxa yokufuna ukulawulwa nguThixo,

30ongayi kuthi ngoku ngalo eli xesha amkele ngokuphinda-phindiweyo, aze
kwiphakade elizayo amkele ubomi obungunaphakade.”

UYesu uthetha okwesithathu ngokufa nokuvuka kwakhe

(Mat 20:17-19; Marko 10:32-34)

31Ke uYesu wabathatha abafundi abalishumi elinambini, wathi kubo: “Ngoku
ke siyemka, siya eJerusalem. Ke zonke izinto abazibhalayo abashumayeli
ngaye uNyana woLuntu, ziya kuzaliseka.

32UNyana woLuntu uya kunikelwa kwabasemzini, kudlalwe ngaye, aphathwe
kakubi, atshicelwe.

33Baya kumkatsa, bambulale; aze athi ngomhla wesithathu abuye avuke.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

34Ke bona abafundi abaqondanga nento le kwezi zinto. Intsingiselo yala mazwi yayifihlakele kubo, bengazazi ezi zinto azithethayo.

UYesu uphilisa imfama yaseJeriko
(Mat 20:29-34; Marko 10:46-52)

35Kwathi, ekusondeleni kukaYesu eJeriko, kwabakho mfama ithile, ihleli ngasendleleni ingqiba.

36Yakuva kudlula isihlwele, yabuza ukuba ngaba yintoni na le.

37Bayixelela bathi: “Kudlula uYesu waseNazarete.”

38Yaza yabhomboloza isithi: “Yesu, Nyana kaDavide, ndenzele inceba!”

39Abo babehamba ngaphambili bayikhalimela ukuba ithi tu, kodwa kwaba kukhona yona ikhwazayo ngakumbi, isithi: “Nyana kaDavide, ndenzele inceba!”

40Wema uYesu, wathi imfama leyo mayiziswe kuye. Yakusondela ke wayibuza esithi:

41“Ufuna ukuba ndikwenzele ntoni na?” Yathi imfama kuye: “Nkosi yam, ndicela ukuba ndibuye ndibone.”

42Wathi kuyo uYesu: “Kulungile ke, bona! Ukholo lwakho lukuphilisile.”

43Yabuya yabona kwangoko, yamlandela uYesu, ibulela uThixo. Bonke abantu, bakukubona oko, bamdumisa uThixo.

ULuka 19

UYesu noZakeyi

1UYesu wangena eJeriko, egqitha khona.

2Ke kaloku kwakukho ndoda ibizwa ngokuba nguZakeyi, eyayiyintloko yabaqokeleli-rhafu, isisityebi.

3Yayifuna ukubona uYesu, kodwa ngenxa yokusithwa yindimbane ayaba nako, kuba yayimfutshane ngesithomo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Yabaleka ke, yaya ngaphambili, yakhwela emthini womthombe ukuze imbone, kuba wayeza kudlula apho.

5Akufika kuloo ndawo, wakhangela phezulu uYesu, wathi kuyo: “Zakeyi, khawuleza uhle, kuba namhlanje ndimelwe kukuba lundwendwe lwakho.”

6Wakhawuleza ke wehla uZakeyi, waza wamkela uYesu ngovuyo.

7Bakuyibona loo nto, bakhalaza bonke, besithi: “Uye kungena endlwini yomntu ongumoni.”

8Waphakama uZakeyi, wathi kuyo iNkosi: “Khangela, isiqingatha sempahla yam, Nkosi, ndisinika amahlwempu. Kanti nokuba ndidle nto kabani na ngobuqhetseba, ndimbuyisela kane.”

9Ke uYesu wathi kuye: “Namhlanje lufikile usindiso kule ndlu, kuba noZakeyi lo ungunyana ka-Abraham.

10Kaloku yena uNyana woLuntu wezela ukufuna kwanokusindisa abantu abalahlekileyo.”

Umzekeliso ngezicaka ezazigciniswe imali
(Mat 25:14-30)

11UYesu wabenzela umzekeliso abo babemva ethetha ezi zinto. Wayeselekufuphi neJerusalem; baye bona besiba ulawulo lukaThixo loba seluzinzile ngelo xesha.

12Ke wathi: “Inkosana ethile yahambela kwilizwe elikude, isiya kuthatha amagunya okulawula, iza kubuya ibuye.

13Izibizile ke izicaka zayo ezilishumi, yazinika imali engangekhulu leerandi sisinye, yathi kuzo: ‘Rhwebani, ndide ndibuye.’

14Ke bona abemi belizwe laloo nkosana babeyithiyile, baza bathuma izigidimi emva kwayo, besithi: ‘Asifuni ukuba lo abe ngukumkani wethu.’

15“Yakuba ke ibekiwe yangukumkani inkosana le, ibuyile, yaza yathi mazibizelwe kuyo ezo zicaka yayizinike imali leyo, ukuze ive kuzo ngazinye ukuba zingenise ntoni na ngokurhweba.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Seza ke esokuqala, sathi: ‘Nkosi, ikhulu lakho lizele ishumi lamakhulu.’

17Yathi kuso: ‘Hee ke, sicakandini esilungileyo! Ngenxa yokuba ubuthembekile kokuncinane, ndikunika igunya kwiidolophu ezilishumi.’

18Seza nesesibini, sathi: ‘Nkosi, ikhulu lakho lenze isihlanu samakhulu.’

19Yathi nakweso: ‘Wena ndikunika igunya kwiidolophu ezintlanu.’

20“Seza nesinye, sathi: ‘Nkosi, nali ikhulu lakho. Bendilithandele ngelaphu,

21kuba bendikoyika, ngokuba ungumntu ongqabalala; uthatha ongakubekanga, uvune ongakuhlwayelanga.’

22Yathi kuso: ‘Ndiza kukugweba ngokuphuma emlonyeni wakho, sicakandini esikhohlakeleyo. Ubusazi nje ukuba ndingumntu ongqabalala, othatha angakubekanga, avune angakuhlwayelanga;

23kutheni ke imali le yam ungayigcinisanga ebhankini, ze ke mna ekufikeni kwam ndiyifumane inenzala?’

24“Yathi kwababemi ngakhona: ‘Mhlutheni ikhulu elo, nilinike lowo uneshumi lamakhulu.’

25Ke bathi kuyo: ‘Nkosi, uneshumi lamakhulu!’

26Yathi: ‘Inene, wonke umntu onolutho uya kunikwa; ongenanto ke, uya kuhluthwa kwanaloo nto anayo.

27Ke zona ezo ntshaba zam zingafunanga ukuba ndibe ngukumkani wazo, ziziseni apha, nizibulale apha phambi kwam.’ ”

UYesu ungena eJerusalem ekhwele idonki
(Mat 21:1-11; Marko 11:1-11; Yoh 12:12-19)

28Akuba ezithethile ezi zinto, uYesu wabandulela, wenyuka esiya eJerusalem.

29Kwathi, akusondela eBhetefage naseBhetani, engasentabeni ekuthiwa yeyemiNquma, wathuma ababini kubafundi bakhe,

© 1996 Bible Society of South Africa.

30esithi kubo: “Hambani niye kule dolophana ikhangelene nathi. Nothi
ningena nje kuyo, nifumane inkonyana yedonki ibotshelelwe, ekungazange
kukhwele mntu kuyo. Yikhululeni, niyizise apha.

31Ukuba ubani uthe kuni: ‘Niyikhululela ntoni loo donki?’ ze nithi: ‘Iyafunwa
yiNkosi.’ ”

32Basuka ke baya abo babethunyiwe, bafika kunjengoko wayetshilo uYesu.

33Bakuyikhulula inkonyana, abaniniyo bathi kubo: “Niyikhululela ntoni loo
nkonyana?”

34Bathi ke bona: “Iyafunwa yiNkosi.”

35Bayisa ke kuYesu, bandlala iingubo zabo phezu kwayo inkonyana yedonki
leyo, bamkhwelisa kuyo uYesu.

36Ehamba njalo, bamana bezandlala iingubo zabo endleleni.

37Ke kaloku akusondela ethambekeni leNtaba yemiNquma, yathi yonke
inkitha yabafundi yavuya, yadumisa uThixo imemelela, imdumisa ngayo
yonke imimangaliso eyayibonayo,

38isithi: “Makabongwe lo Kumkani uzayo egameni leNkosi! Uxolo ezulwini;
udumo kweliphezulu!”

39Abathile kubaFarasi esihlweleni apho bathi kuYesu: “Mfundisi, bakhalimele
abafundi bakho.”

40Waphendula wathi kubo: “Inene, kungáthi nje kukhe kwathi cwaka aba,
kunkqangaze namatye la.”

UYesu ulilela iJerusalem

41Akusondela uYesu, esibona isixeko, wasililela

42esithi: “Akwaba nawe, Jerusalem, ubuzazi namhlanje izinto ezikuzisela
uxolo! Kodwa ngoku zifihlakele kuwe!

43Kuya kufika imihla eziya kuthi iintshaba zakho zakhe udonga lokuzikhusela
ekukuhlaseleni kwazo, zikungqinge, zikuxine macala onke.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

44Ziya kukudiliza, zibatshabalalise abakuwe, zingashiyi nalinye ilitye phezu kwelitye, ngenxa yokuba ungalazanga ixesha lokuvelelwa kwakho nguThixo.”

UYesu uvala urhwebo endlwini kaThixo
(Mat 21:12-17; Marko 11:15-19; Yoh 2:13-22)

45UYesu wangena endlwini kaThixo, waza wabakhupha abo babethengisa khona,

46esithi kubo: “ EziBhalweni uThixo uthi: ‘Indlu yam yindlu yokuthandaza.’ Ke nina niyenzé umqolomba wezihange. ”

47Imihla ngemihla wayefundisa endlwini kaThixo apho. Ke ababingeleli abaziintloko, nabachazi-mthetho, kwaneenkokheli zabantu, babefuna ukumbulala;

48kodwa ababanga nakufumana nto banokuyenza, kuba bonke abantu babenamathele kuye, bemphulaphula.

ULuka 20

Igunya likaYesu
(Mat 21:23-27; Marko 11:27-33)

1Kwathi ngenye imini, uYesu efundisa abantu endlwini kaThixo, eshumayela iindaba ezimnandi, kwafika kuye ababingeleli abaziintloko, nabachazi-mthetho, namadoda amakhulu.

2Bona bathetha naye besithi: “Khawutsho: ezi zinto uzenza ngagunya lini? Ingubani kakade okunike elo gunya?”

3Waphendula ke wathi kubo: “Nam ndiza kunibuza umbuzo ube mnye; ze nindiphendule ke.

4Ngaba ubhaptizo lukaYohane lwaluvela ezulwini, okanye lwaluvela ebantwini?”

5Baxoxa bodwa besithi: “Ukuba sithe: ‘Lwaluvela ezulwini,’ wothi: ‘Kwakutheni ke phofu ukuze ningakholwa?’

6Ukuba sithe: ‘Lwavela ebantwini,’ bonke abantu bosixuluba ngamatye, kuba babemvuma uYohane ukuba ungumshumayeli.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

7Baphendula ke ngokuthi àbazi ukuba lwaluvela phi na.

8Waza wathi kubo: “Nam ke andinixeleli ukuba ndizenza ngagunya lini na ezi zinto.”

Umzekeliso ngesidiliya nabaqeshi baso
(Mat 21:33-46; Marko 12:1-12)

9Ke uYesu wabenzela umzekeliso abantu, wathi: “Umntu othile watyala isidiliya, waqeshisa ngaso kubalimi, wahambela kwelinye ilizwe ixesha elide.

10Ngexesha lokuvuthwa kweziqhamo wathuma isicaka kwabo balimi, ukuze bamnike eziqhameni zesidiliya eso. Basuka bona abalimi basibetha eso sicaka, semka singaphathanga nto.

11Wabuya wathuma esinye isicaka kubo. Basibetha ke naso, badlala ngaso, naso semka singaphathanga nto.

12Wabuya wathuma nesesithathu. Bathi naso basingxwelerha, basigxotha.

13Wathi umnini-sidiliya: ‘Ndiya kuyithini na le nto? Mandithume unyana wam endimthandayo. Mhlawumbi bomhlonela yena.’

14Kodwa bakumbona abalimi, bathi omnye komnye: ‘Yindlalifa le. Masiyibulale, ilifa libe lelethu.’

15Bamkhuphela ngaphandle kwesidiliya ke unyana lowo, bambulala. “Uya kuthini ke ngoko umnini-sidiliya?

16Wofika ababulale abo balimi, asinikele kubambi eso sidiliya.” Bakukuva oko, bathi: “Makungabi njalo!”

17Waza wabakhangela wathi: “Ithetha ntoni ke phofu le ndawo eziBhalweni ithi: “ ‘Ilitye abâlideláyo abakhi lilo elaba lelona libalulekileyo lesiseko’?

18“Bonke abathe bawa phezu kweli litye botyumka; ke bona elithe labawela bocoleka.”

Umbuzo ngerhafu
(Mat 22:15-22; Marko 12:13-17)

© 1996 Bible Society of South Africa.

19Baza ke abachazi-mthetho nababingeleli abaziintloko bafuna ukumbamba
kwangelo lixa, kodwa babesoyika abantu, kuba babesazi ukuba uwuthethe
esingise kubo lo mzekeliso.

20Bamcupha ke, bathumela iintlola ezizenza amalungisa, ukuze bambambise
ngamazwi, ze ke bamnikele kwirhuluneli, yona iphetheyo inawo onke
amagunya.

21Iintlola ezi zambuza uYesu zisithi: “Mfundisi, siyazi ukuba wena uthetha
ufundise okuyinyaniso, kuba akunamkhethe, koko uyifundisa ngenyaniso
indlela kaThixo.

22Ngaba ke kuvumelekile na ukurhafa kuKhesare?”

23Eliqondile iyelenqe lazo, wathi kuzo:

24“Ndiboniseni imali. Ke, ngokabani na lo mfanekiso neli gama?” Zaphendula
zathi: “NgokaKhesare.”

25Wathi yena kuzo: “Ke, nikani uKhesare okufanele uKhesare, ninike uThixo
okufanele uThixo.”

26Zakhohlwa ukumbambisa ngamazwi phambi kwabantu, zaza zathi cwaka,
zimangalisiwe yimpendulo yakhe.

Umbuzo ngovuko lwabafileyo
(Mat 22:23-33; Marko 12:18-27)

27Kweza abathile bakubaSadusi kuYesu (bona abo bathi akukho luvuko
lwabafileyo), bambuza ke

28besithi: “Mfundisi, uMosis wasibhalela umthetho esithi: ‘Ukuba ubani uthe
wafa, eshiya umfazi engekabi nabantwana, makathi umntakwabo amngene
umfazi lowo, baze bamzalele abantwana umfi.’

29Ke kaloku kwakukho oonyana bomntu omnye abasixhenxe, yaza inkulu
yazeka umfazi, yasweleka ingekabi nabantwana.

30Wathi ke owesibini wamngena, naye wasweleka engekabi nabantwana.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

31Wenjenjalo nowesithathu. Bada baba naye bosixhenxe, kodwa abashiya mntwana.

32Emva kwabo bonke wasweleka naye umfazi.

33Ke ngoko eluvukweni lwabafileyo uya kuba ngumfazi wawuphi na kubo? Kuba kaloku bosixhenxe babemthathile.”

34Waphendula uYesu, wathi kubo: “Abantu beli phakade bayazeka, besendiswa;

35kodwa bona abo bafanelwe kukuvuka ekufeni, baphile kwiphakade elizayo, àbazeki, àbendiswa.

36Bona abasenakufa, kuba bafana nezithunywa zezulu. Bona bangoonyana bakaThixo, kuba kaloku bavukile kwabafileyo.

37Ke yona into yokuba abafileyo bayavuka, noMosis uyayikhankanya kwisiqendu esithetha ngetyholo elivuthayo encwadini yakhe, apho abiza iNkosi ngokuthi inguThixo ka-Abraham, uThixo kaIsake, uThixo kaYakobi.

38AkaThixo wabafileyo ke; unguThixo wabaphilayo, kuba kuye bonke bayaphila.”

39Baphendula ke abathile bakubachazi-mthetho, bathi: “Ngxatsho ke, Mfundisi; uthethe kakuhle!”

40Babengasenabuganga ke bakumbuza nento le.

UKrestu unyana kaDavide
(Mat 22:41-46; Marko 12:35-37)

41Ke uYesu wathi kubo: “Batsho ngani ke ukuthi: ‘ UKrestu ngunyana kaDavide’?

42Kanti noDavide ngokwakhe kwiNcwadi yeeNdumiso uthi: “ ‘Yathi iNkosi eNkosini yam: Hlala ngakum kweli wonga,

43lo gama ndikoyisela iintshaba zakho.’

44“Ukuba uDavide ngokwakhe uthi uKrestu yiNkosi, angathini ke ukuba ngunyana wakhe?”

© 1996 Bible Society of South Africa.

UYesu ulumkisa ngabachazi-mthetho
(Mat 23:1-36; Marko 12:38-40)

45Ke kaloku, besiva bonke abantu, uYesu wathi kubafundi bakhe:

46“Balumkeleni abachazi-mthetho, abathanda ukuhamba ngezambatho ezide,
bethanda ukuba kukhahlelwe kubo emabaleni embutho, befuna izihlalo
eziphambili ezindlwini zesikhungo, neendawo zamawonga ezidlweni.

47Abo bayiphangayo imizi yabahlolokazi, baze bazenzise batsho
ngemilembelele yemithandazo, ngabo abaya kufumana esona sohlwayo
sikhulu.”

ULuka 21

Umnikelo womhlolokazi
(Marko 12:41-44)

1Ewaphakamisile amehlo akhe, uYesu ubone izityebi zigalela iminikelo yazo
kwisikhongozeli-mali.

2Ke wabona mhlolokazi uthile ulihlwempu efaka iimalana ezimbini;

3waza wathi: “Ndithi kuni, inene, lo mhlolokazi ulihlwempu unikele
ngaphezu kwabo bonke,

4kuba bonke aba banikele kuThixo bethatha ebutyebini babo, kanti yena,
eswele nje, unikele ngako konke abenokuphila ngako.”

UYesu uthetha ngokudilizwa kwendlu kaThixo
(Mat 24:1-2; Marko 13:1-2)

5Ke kaloku, xa abathile babethetha ngendlu kaThixo, bencoma ukuhonjiswa
kwayo ngamatye amahle nangezinto ezinexabiso, uYesu wathi:

6“Niyazibona zonke ezi zinto? Kuya kufika imihla ekungayi kusala litye phezu
kwelitye lingàdilizwa.”

Ukuqala kwentshutshiso
(Mat 24:3-14; Marko 13:3-13)

7Bambuza ke uYesu besithi: “Mfundisi, ziya kubakho nini na ezi zinto? Uya
kuba yintoni na umqondiso wokuzalisekiswa kwazo?”

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Wathi ke yena: “Lumkani ningalahlekiswa, kuba baninzi abaya kuza egameni lam; besithi banguye uKrestu, besithi ixesha lisondele. Ke nina ze ningabalandeli.

9Xa nithe neva ngeemfazwe neziphithi-phithi, ze ningoyiki, kuba ezo zinto zimelwe kukubakho kuqala. Sona ke isiphelo asiyi kubakho kwangoko.”

10Waqhuba wathi kubo: “Uhlanga luya kuvukelana nohlanga, nokumkani avukelane nokumkani.

11Kuya kubakho iinyikima zomhlaba ezinkulu, kwiindawo ngeendawo kubekho indlala nendyikityha yokufa. Kuya kubakho izinto ezoyikekayo, kwanemiqondiso emikhulu evela ezulwini.

12“Ngaphambi kokuba zonke ezi zinto zenzeke, baya kunibamba, banitshutshise beninikela ezindlwini zesikhungo nasezintolongweni, nisiwe phambi kookumkani neerhuluneli ngenxa yegama lam.

13Oko ke kuya kuba lithuba lenu lokungqina.

14Zimiseleni ukungayicingi kwangaphambili indlela eniya kuziphendulela ngayo,

15kuba mna ndiya kuninika amazwi obulumko abangayi kuba nako ukubuphikisa nokumelana nabo bonke abachasene nani.

16Ke kaloku niya kunikelwa nangabazali, nangabantakwenu, nazizizalwane, nazizihlobo, kubekho nababulawayo kuni.

17Niya kuthiywa ngabantu bonke ngenxa yegama lam.

18Ke akuyi kutshabalala nonwele olu lwentloko yenu.

19Nothi ke ngokunyamezela kwenu nibuzuze ubomi benu.”

Imbandezelo enkulu
(Mat 24:15-21; Marko 13:14-19)

20“Xa nithe nayibona iJerusalem irhawulwe yimikhosi, yazini ukuba kusondele ukutshabalala kwayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

21Ngelo xesha mabathi abakwelakwaJuda babalekele ezintabeni, bathi abo
bangaphakathi kwayo iJerusalem baphume bemke. Ke abo basemaphandleni
mabangangeni eJerusalem.

22Yoba yimihla yempindezelo leyo, ukuze kuzaliseke konke okubhalwe
eziBhalweni.

23Hayi ke abanzima nabanyisayo ngaloo mihla! Kuya kubakho imbandezelo
enkulu elizweni, ingqumbo kaThixo ibe phezu kwaba bantu.

24Baya kubulawa ngekrele, bathinjwe, basiwe kuzo zonke iintlanga.
IJerusalem iya kutshatyalaliswa ziintlanga de liphele ixesha lazo."

Ukuza kwakhe uNyana woLuntu
(Mat 24:29-31; Marko 13:24-27)

25"Kuya kubakho imiqondiso elangeni nasenyangeni
nasezinkwenkwezini; emhlabeni kubekho iintlanga ezicinezelekileyo,
zididekile kukugquma kolwandle namaza.

26Abantu boba besifa luloyiko, bexhalabele izinto ezilifikelayo ihlabathi, kuba
konke okunamandla esibhakabhakeni kodunga-dungeka.

27Baya kumbona ke uNyana woLuntu esiza ngelifu, enamandla nobuqaqawuli
obukhulu.

28Ke kaloku zakuqala ukubakho ezi zinto, yimani nkqo, niphakamise iintloko
zenu, kuba isondele inkululeko yenu."

Umzekeliso ngomkhiwane
(Mat 24:32-35; Marko 13:28-31)

29Wabenzela umzekeliso uYesu, esithi: "Khangelani umkhiwane nayo yonke
imithi.

30Xa seyivelisa amagqabi, nithi nakukubona oko, nazi ukuba ihlobo
lithwasile.

31Kwangokunjalo nani, xa nithe nazibona ezi zinto zisenzeka, yazini ukuba
ulawulo lukaThixo lusemnyango.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

32“Ndithi kuni, inene, asiyi kudlula esi sizukulwana zingadanga zenzeke
zonke ezi zinto.
33Liya kudlula izulu nehlabathi; ke wona amazwi am akasayi kuze adlule.”

Phaphamani!

34“Zilumkeleni ke, hleze iintliziyo zenu zenziwe buthuntu buburhovu,
nakukunxila, nangamaxhala obu bomi, ize loo mini inifikele ngebhaqo;
35kuba iya kubafikela ngokomgibe bonke abahleliyo phezu kwehlabathi
lonke.
36Ke ngoko phaphamani maxa onke, nikhunga, ukuze nibe namandla
okuziphepha zonke ezi zinto ziza kwenzeka, nize nibe nokuma phambi
koNyana woLuntu.”
37Ke kaloku emini uYesu ebefundisa endlwini kaThixo, athi ngokuhlwa aye
kulala eNtabeni yemiNquma.
38Kwakusasa bonke abantu babesiza kumphulaphula endlwini kaThixo.

ULuka 22

UYesu uyabhungwa
(Mat 26:1-5; Marko 14:1-2; Yoh 11:45-53)

1Ke kaloku lalisondele itheko lezonka ezingenagwele, ekuthiwa yiPasika.
2Ke ababingeleli abaziintloko nabachazi-mthetho babefuna indlela
efihlakeleyo yokumbulala uYesu, kuba babesoyika abantu.

UJudas uceba ukungcatsha uYesu
(Mat 26:14-16; Marko 14:10-11)

3Wangena ke uSathana kuJudas ekuthiwa nguSikariyoti, owayengomnye
wabafundi abalishumi elinambini.
4Wesuka waya kubhunga nababingeleli abaziintloko nabagcini bendlu
kaThixo, wacebisana nabo ngeyona nto anokuyenza ukuze babe
nokumbamba uYesu.
5Bavuya ke bona, bagqiba kwelokuba bamnike imali,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6waza wavuma, waba soloko ezungula ukufumana ithuba lokumbambisa
kungekho sihlwele.

UYesu ulungiselela ukutya iPasika
(Mat 26:17-25; Marko 14:12-21; Yoh 13:21-30)

7Wafika ke loo mhla wesidlo sezonka ezingenagwele ekwakumele ukuxhelwa
ngawo ixhwane lePasika.

8UYesu ke wathuma uPetros noYohane, esithi: “Hambani niye kusilungiselela
iPasika.”

9Baza bathi kuye: “Ufuna ukuba siyilungiselele phi na?”

10Wathi kubo: “Khangelani, nakungena esixekweni, nodibana nomfo ophethe
ingqayi yamanzi. Ze nimlandele, niye kuloo ndlu angena kuyo;

11nize nithi kumnini-mzi: ‘Úthi uMfundisi: Liphi na igumbi leendwendwe
apho ndingayidlela khona iPasika nabafundi bam?’

12Yena wonibonisa igumbi elikhulu eliphezulu, elinempahla yalo. Lungisani
apho ke.”

13Bemka, bafika kunjengoko ebetshilo kubo, baza bayilungiselela iPasika.

Umthendeleko weNkosi
(Mat 26:26-30; Marko 14:22-26; 1 Kor 11:23-25)

14Lakufika ixesha, uYesu uye kuhlala etafileni enabathunywa bakhe;

15waza wathi kubo: “Bendilangazelela kakhulu ukuyityа kunye nani le Pasika,
ndingekabuva ubunzima.

16Inene, andiyi kuba sayidla konke, de ibe izalisekile kulawulo olutsha
lukaThixo.”

17UYesu ke wathatha indebe, wabulela, waza wathi: “Yithatheni, nabelane
ngayo.

18Inene, andisayi kusela kwincindi yomdiliya lude luthwase ulawulo olutsha
lukaThixo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

19Wathatha isonka ke, wabulela, wasiqhekeza, wabanika esithi: “Ngumzimba
wam lo [onikelwa ngenxa yenu. Oku kwenzeleni ukundikhumbula.”

20Bakugqiba ukutya wayithatha kwangokunjalo nendebe, wathi: “Le ndebe
ingumnqophiso omtshaosungulwa kukuphalala kwegazi lam.]

21“Kodwa, niyabona, lowo undingcatshayo ukunye nam apha etafileni.

22Okunene yena uNyana woLuntu uyemka njengoko amiselweyo nguThixo;
kodwa hayi ilishwa laloo mntu uNyana woLuntu angcatshwa nguye!”

23Baza ke bona babuzana bodwa ukuba ngaba ngubani na kubo oza kuyenza
le nto.

Oyena mkhulu

24Ke kaloku kwabakho ukubangisana phakathi kwabafundi ngokuba
nguwuphi na kubo ekunokuthiwa ngoyena mkhulu.

25UYesu wathi kubo: “Ookumkani beentlanga balawula ngegqudu, kanti ke
kwabona kuthiwa ngoothandabantu.

26Ke nina ze ningabi njalo; omkhulu kuni makabe njengomncinci,
nokhokelayo afane nokhonzayo.

27Nguwuphi na kakade omkhulu: ngulowo uhleli etafileni, nokuba ngulowo
uzisa ukutya etafileni? Asingulowo uhleli etafileni na? Ke mna phakathi
kwenu ndinjengesicaka.

28“Nina nahlala nihleli nam ekulingweni kwam.

29Kwanjengokuba uBawo endinike igunya lokulawula, nam ndininika elo
gunya,

30ukuze nitye, nisele, etafileni yam kwikomkhulu lam, nihlale ezikhundleni
zokulawula, nigweba izindlu ezilishumi elinambini zakwaSirayeli.”

UYesu ulumkisa uPetros
(Mat 26:31-35; Marko 14:27-31; Yoh 13:36-38)

31UYesu wathi: “Uyabona, wena Simon, uSathana ebenibanga efuna
ukunihlungula okwengqolowa,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

32kodwa mna ndikuthandazele ukuba ukholo lwakho lungapheli. Nawe ke, xa
uthe waguquka, uze uwomeleze amakholwa.”

33UPetros ke wathi kuye: “Nkosi, ndixolèlè nokuya kunye nawe entolongweni
nokuba kusekufeni.”

34UYesu wathi: “Inene, Petros, kothi namhlanje ingekakhali inkuku, ube wena
sewukhanyele kathathu ukuba uyandazi.”

Isipaji nengxowa yomphako nekrele

35Ke uYesu wathi kubo: “Ngôkúyâ ndandinithume ningenasipaji, nangxowa
yamphako, nazihlangu, nakha naswela nto na?” Bathi ke bona: “Nento le.”

36Waza wathi kubo: “Ke ngoku lowo unesipaji makasithathe, enjenjalo
nonengxowa yomphako, aze nalowo ungenakrele athengise ingubo yakhe
alithenge.

37Inene, kuya kwenzeka kum oko kubhaliweyo eziBhalweni kwathiwa:
‘Wabalelwa kwizaphula-mthetho,’ kuba oko kubhaliweyo ngam
akunakungenzeki.”

38Ke bona bathi: “Nkosi, nanga amakrele amabini.” Waza wathi kubo:
“Kwanele.”

UYesu uyathandaza
(Mat 26:36-46; Marko 14:32-42)

39UYesu waphuma waza ngokwesiqhelo sakhe waya eNtabeni yemiNquma.
Bamlandela ke abafundi bakhe.

40Akufika apho, uYesu wathi kubo: “Thandazani ukuze ningangeni
ekulingweni.”

41Wasuka kubo, wathi qelele, waguqa ngamadolo, wathandaza

42esithi: “Bawo, ukuba uyavuma, yisuse kum le ntlungu. Noko ke, makungabi
kokuthandwa ndim, makube kokuthandwa nguwe okwenzekayo.”

[43Ke kwabonakala isithunywa kuye, sivela ezulwini, simomeleza.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

44Edandathekile kakhulu uYesu, kwaba kukhona athandaza ngenyameko,
kwada ukubila kwakhe kwangathi ngamathontsi egazi esiwa emhlabeni.]

45UYesu ke waphakama ekuthandazeni, waya kubafundi bakhe, wafika
belele, bedakumbile;

46waza wathi kubo: “Yini na ukuba nilale? Vukani, nithandaze, ukuze
ningangeni ekulingweni.”

Ukubanjwa kukaYesu
(Mat 26:47-56; Marko 14:43-50; Yoh 18:3-11)

47UYesu esathandaza, kwathi gqi indimbane, ikhokelwa nguJudas, ongomnye
wabafundi abalishumi elinambini. Yena wasondela kuYesu ukuba amange.

48Waza uYesu wathi kuye: “Judas, umngcatsha ngokumanga na uNyana
woLuntu?”

49Abo babemngqongile uYesu, bakukubona okuza kwenzeka, bathi kuye:
“Nkosi, sibaxabele na ngekrele?”

50Omnye kubo waxabela isicaka sombingeleli omkhulu, wasinqumla indlebe
yokunene.

51Waza ke uYesu wathi: “Yekani; kwanele!” Wayichukumisa indlebe yesicaka
eso, yaphila.

52Ke uYesu wathi kumadoda amakhulu nababingeleli abaziintloko, nabagcini
bendlu kaThixo, ababeze kumbamba: “Nindiphathele amakrele neentonga,
ngathi nize esihangeni?

53Bendinani imihla ngemihla endlwini kaThixo, anandibamba. Eli lithuba
lenu, kuba kulawula igunya lobumnyama ngoku.”

UPetros ukhanyela uYesu
(Mat 26:57-58,69-75; Marko 14:53-54,66-72; Yoh 18:12-18,25-27)

54Bembambile uYesu, bamqhuba bamsa endlwini yombingeleli omkhulu.
UPetros wayelandela ekude.

55Kwakubaswe umlilo eyadini, kusothiwa, noPetros ke waya kotha kunye
nabo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

56Isicakazana esithile simbonile uPetros ehleli ngasemlilweni, samqwalasela,
sathi: “Naló ebekunye naye!”

57Wakhanyela ke yena esithi: “Ntokazindini, andimazi loo mntu!”

58Kwakuba mzuzwana, wabonwa ngomnye owathi: “Nawe ungowabo.” Waza
wathi uPetros: “He mfondini, andinguye!”

59Malunga neyure emva koko omnye watsho eqinisekile wathi: “Inene, nalo
ikwanguwabo, kuba ukwangowaseGalili.”

60Wathi uPetros: “Mfondini, andazani tu nale nto uyithethayo!” Kwathi
kwangoko, esathetha, yakhala inkuku.

61Yajika iNkosi, yakhangela kuPetros. Walikhumbula ke uPetros ilizwi
leNkosi elithi: “Namhlanje ingekakhali inkuku, wondikhanyela kathathu.”

62Waphuma phandle uPetros, watsho esikrakra.

UYesu wenziwa intlekisa
(Mat 26:67-68; Marko 14:65)

63Amadoda awayembambile uYesu, ayemenza intlekisa, emntlitha,

64emgquma amehlo ambuze esithi: “Xela okubethileyo!”

65Babethetha nezinye izinto ezininzi bemnyelisa.

UYesu phambi kweBhunga
(Mat 26:59-66; Marko 14:55-64; Yoh 18:19-24)

66Kwakusa yahlanganisana intlanganiso yamadoda amakhulu, nababingeleli
abaziintloko, nabachazi-mthetho, uYesu bamsa entlanganisweni yeBhunga
labo,

67bathi: “Ukuba wena unguye uKrestu sixelele.” Wathi yena kubo: “Ukuba
ndithe ndanixelela aniyi kukholwa.

68Nokuba ke ndithe ndanibuza aniyi kundiphendula.

69Ukususela ngoku uNyana woLuntu uya kuhlala ewongeni kwaThixo
uSomandla.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

70Bathi bona: “Ùnguye na uNyana kaThixo?” Wathi kubo: “Kutsho nina ngokwenu.”

71Bathi ke bona: “Sisabufunelani na obunye ubungqina? Kaloku sizivele ngokwethu amazwi akhe.”

ULuka 23

UYesu phambi koPilato

(Mat 27:1-2, 11-14; Marko 15:1-5; Yoh 18:28-38)

1Loo mpi yonke yamsa kuPilato uYesu;

2yammangalela isithi: “Lo simfumene elahlekisa uhlanga, engavumi ukuba sirhafe kuKhesare, esithi yena unguye uKrestu uKumkani.”

3UPilato ke wambuza esithi: “Unguye na uKumkani wamaJuda?” Waphendula yena wathi: “Nawe utsho.”

4UPilato wathi kubabingeleli abaziintloko nakwisihlwele: “Andifumani tyala kulo mntu.”

5Kwaba kukhona bazingisayo besithi: “Údungadunga abantu, efundisa kulo lonke elakwaJuda, ukususela kwelaseGalili, kude kube lapha.”

UYesu phambi koHerode

6Akuva kukhankanywa elaseGalili, uPilato wabuza ukuba uYesu ngowalapho na;

7waza wathi, akuqonda ukuba ungowommandla ophethwe nguHerode, wamthumela kuHerode, owayeseJerusalem naye ngelo xesha.

8UHerode akumbona uYesu, wavuya kunene; kwakukade efuna ukumbona, kuba wayeve kuthethwa lukhulu ngaye. Wayenqwenela nokubona umqondiso usenziwa nguYesu.

9UHerode ke wabuza imibuzo emininzi, kodwa uYesu wathi tu.

10Baphakama ababingeleli abaziintloko nabachazi-mthetho, bamtyhola ngolunya uYesu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11UHerode nempi yakhe bamenza into engento uYesu, behlekisa ngaye,
bemthe wambu ngengubo eqaqambileyo, waza uHerode wambuyisela
kuPilato.

12Ngaloo mini baba zizihlobo uPilato noHerode, kuba babefudula bejongene
ngezikhondo zamehlo.

UYesu ugwetyelwa ukufa
(Mat 27:15-26; Marko 15:6-15; Yoh 18:39 – 19:16)

13Ke kaloku uPilato wababizela ndawonye ababingeleli abaziintloko
nabaphathi bamaJuda, nabantu,

14wathi kubo: “Nizise lo mntu kum nisithi udungadunga abantu. Ke
ndimncinile phambi kwenu, ndaza andafumana tyala kuye kwezo zinto
nimmangalela ngazo.

15NoHerode akafumananga tyala kuye, kuba naku embuyisela kum.
Niyabona, akukho nto ayenzileyo ingabangela ukuba afe.

16Ndothi ke ngoko ndimbethe, ndimkhulule.”

[17Ke kaloku ngetheko lePasika wayedla ngokubakhululela umbanjwa abe
mnye.]

18Bankqangaza ke bonke besithi: “Mbulale lo, usikhululele uBharabha!”

19UBharabha lo wayephoswe entolongweni ngenxa yesiphithi-phithi esithile
esabakho esixekweni apho, kwanangokubulala.

20Waphinda ngoko uPilato wathetha nabo, efuna ukumkhulula uYesu.

21Kodwa bona bankqangaza besithi: “Mbethelele! Mbethelele
emnqamlezweni!”

22UPilato wathi kubo okwesithathu: “Ngoba enze bubi buni na? Andifumani
tyala lingabangela ukuba afe. Ndothi ngoko ndimbethe, ndimkhulule.”

23Bamxina ke uPilato, bekhwaza ngamandla, becela ukuba uYesu abethelelwe
emnqamlezweni. Kwema ngabo ke.

24Wasuka uPilato wagweba ngelithi masenziwe isicelo sabo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

25Wabakhululela lowo babemcela, owayethe ngenxa yesiphithi-phithi
nokubulala waphoswa entolongweni. Ke yena uYesu wanikelwa ukuba
kwenziwe kuye ngokwesicelo sabo.

UYesu ubethelelwa emnqamlezweni
(Mat 27:32-44; Marko 15:21-32; Yoh 19:17-27)

26Kwemkiwa ke noYesu, aza amajoni athi xhakamfu Simon uthile
waseKirene, owayevela emaphandleni, awubeka phezu kwakhe umnqamlezo,
ukuba awuthwale emva koYesu.

27Wayelandelwa yinto eninzi yabantu, kukho nabafazi ababesenza isijwili,
bemlilela.

28Ejikile ke uYesu, wabakhangela, wathi: “Zintombi zaseJerusalem,
sanukundililela mna; koko zilileleni nina nabantwana benu;

29kuba, niyabona, iyeza imihla ekuya kuthiwa ngayo: ‘Banoyolo
abangazalanga, abangancancisanga mntwana.’

30Ngelo xesha baya kuthi ezintabeni: ‘Siweleni, nisifihle!’ ezindulini bathi:
‘Sigqumeleleni!’

31Xa utsha kangaka umthi oluhlaza, kobeka phi ke kowomileyo?”

32Amadoda amabini, awayezizihange, ayeqhutywa esiya kubulawa kunye
noYesu.

33Bakufika kuloo ndawo kuthiwa luKhakhayi, bambethelela emnqamlezweni
khona apho uYesu, bezibethelela kwanezihange ezo, esinye ngasekunene,
nesinye ngasekhohlo.

34UYesu wathi: “Bawo, baxolele, kuba abayazi into abayenzayo.” Baza benza
amaqashiso, besabelana ngeengubo zakhe.

35Abantu babebonela, abaphathi bamaJuda bemgculela, besithi:
“Wabasindisa abanye; makazisindise ke naye, ukuba unguye uKrestu,
umnyulwa kaThixo.”

36Ayemphoxa ke namajoni, esiza asondeze iwayini emuncu kuye,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

37esithi: “Ukuba wena unguye uKumkani wamaJuda, zisindise.”

38Kwakubhalwe nombhalo wetyala lakhe phezulu emnqamlezweni, kwathiwa: “Lo nguKumkani wamaJuda.”

39Esinye isihange kwezo zazixhonywe kunye noYesu, sasimnyelisa, sisithi: “Akunguye na uKrestu? Zisindise ke, nathi usisindise.”

40Sasikhalimela esinye, sisithi: “Akumoyiki na wena uThixo, ukwawiselwe esi sigwebo nje?

41Esi sigwebo okunene sisifanele thina, kuba sivuzwa ngezenzo zethu; kodwa yena lo akenzanga nto imbi.”

42Saza sathi kuYesu: “Uzundikhumbule, Yesu, xa uthe weza kulawula.”

43UYesu wathi kuso: “Ndithi kuwe, inene, kwanamhlanje uya kuba nam emyezweni wakwaThixo.”

Ukufa kukaYesu
(Mat 27:45-56; Marko 15:33-41; Yoh 19:28-30)

44Ke kaloku kwakumalunga nentsimbi yeshumi elinambini emini, laza lasuka latshona emini ilanga, kwaba mnyama phezu kwawo wonke umhlaba, kwada kwayintsimbi yesithathu emva kwemini.

45Ikhuselo legumbi eliyingcwele yendlu kaThixo lakrazuka kubini.

46Wadanduluka ke uYesu ngezwi elikhulu, wathi: “Bawo, ndiyawunikela ezandleni zakho umoya wam!” Akuba etshilo, waphuma umphefumlo.

47Ke umphathi-butho wamajoni, akukubona okuhlileyo, wamncoma uThixo, esithi: “Inene, lo mntu ebelilungisa.”

48Sakuba isihlwele esasihlangene kuloo mbono sikubonile okwenzekileyo, sagoduka sibambelele ezidleleni.

49Ke bonke abazana noYesu, kwanabafazi ababemlandela bevela kwelaseGalili, babemele kude, bezikhangele ezi zinto.

Ukungcwatywa kukaYesu
(Mat 27:57-61; Marko 15:42-47; Yoh 19:38-42)

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

50Ke kwakukho indoda egama linguJosefu, eyayililungu leBhunga, iyindoda elungileyo elilungisa.

51Yona yayingavumelananga necebo labo kwanesenzo sabo. Le ndoda yaseArimati, idolophu yamaJuda, yayilulindele ulawulo lukaThixo.

52Yona ke yaya kuPilato, yawucela umzimba kaYesu;

53yaza yawuthula, yawusongela ngengubo yelinen, yawubeka engcwabeni elixholwe eliweni, ebekungekangcwatywa bani kulo.

54KwakungoLwesihlanu, uMhla wokuPhumla sewusondela.

55Abo bafazi bàbelandela uYesu, bephuma eGalili, bâlandela uJosefu, balibona ingcwaba nomzimba kaYesu ubekwa kulo;

56baza babuya, balungisa iziqholo nezithambiso. Baphumla ke ngoMhla wokuPhumla ngokomthetho.

ULuka 24

Ukuvuka kukaYesu

(Mat 28:1-10; Marko 16:1-8; Yoh 20:1-10)

1Kwakusekusasa ngeCawe ukunduluka kwâbo bafazi besiya engcwabeni, bephethe iziqholo ababezilungisile.

2Balifumana ilitye liqengqiwe, lisusiwe engcwabeni.

3Bakuba bengenile, abawufumananga umzimba weNkosi uYesu.

4Kwathi, besakhohliwe yile nto, kwathi gqi amadoda amabini ngakubo, enezambatho ezibengezelayo.

5Basuka boyika abafazi, baqondela phantsi, aza athi loo madoda: “Yini na ukuba ophilayo nimfune kwabafileyo?

[6Akakho apha, uvukile.] Khumbulani awakuthetha kuni esekwelaseGalili,

7esithi: ‘ UNyana woLuntu umelwe kukunikelwa ezandleni zaboni, abethelelwe emnqamlezweni, athi ngomhla wesithathu abuye avuke.’ ”

8Bawakhumbula ke amazwi akhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

9Bebuyile engcwabeni abafazi abo bazixela zonke ezo zinto kubafundi
abalishumi elinanye nakubo bonke abanye.

10YayinguMariya waseMagadala, noYohana, noMariya unina kaYakobi,
nabanye abafazi ababenabo, abazixeláyo ezi zinto kubathunywa.

11Kubafundi oku kuthethwa ngaba bafazi kwaba ngathi kukulavuza, baza
abakholwa.

[12Kodwa yena uPetros usuke wabaleka, waya engcwabeni, wathi
akukhangela, wabona ingubo yelinen iyodwa, waza wagoduka emangalisiwe
koko kwenzekileyo.]

UYesu uzibonakalisa e-Emawusi
(Marko 16:12-13)

13Kwangaloo mini kwasuka abafundi ababini baya e-Emawusi, idolophana
emalunga neekhilomitha ezilishumi elinambini ukusuka eJerusalem.

14Babethetha ngako konke okwakuthe kwenzeka.

15Kwathi besathetha bebuzana, uYesu ngenkqu wasondela wahamba nabo,

16kodwa bembona nje, kwasitheliswa kubo ukuba bamnakane.

17UYesu ke wathi kubo: “Zizinto zini na ezi nihamba nincokola ngazo?” Bema
ke bematshekile;

18waza waphendula omnye, lo ugama linguKleyopa, wathi kuye: “Nguwe
kuphela na kwababekho eJerusalem ongazaziyo izinto ezenzeke khona kwezi
ntsuku?”

19Wathi kubo: “Zinto zini na?” Bathi bona kuye: “Ezo zingoYesu
waseNazarete, owayengumshumayeli onamandla amakhulu ekwenzeni
imiqondiso nasekuthetheni, engqinelwa nguThixo nangabo bonke abantu.

20Ababingeleli abaziintloko nabaphathi bethu bamnikela ukuba agwetyelwe
ukufa, waza wabethelelwa emnqamlezweni.

21Ke thina besithembe ukuba nguye owokhulula uSirayeli. Kunjalo nje
namhlanje lusuku lwesithathu zenzekile ezo zinto.

© 1996 Bible Society of South Africa.

22Kanti abafazi abathile beqela lethu, abathe baya engcwabeni kwakusasa,
basothusile,

23kuba bengawufumani umzimba wakhe, babuye besithi babone umbono
wezithunywa ezithi uyaphila.

24Basuka nabanye bethu, baya engcwabeni, bafika kunjengoko babetshilo
abafazi. Ke yena abambonanga."

25Waza uYesu wathi kubo: "Ninje na kanti ukungaqondi! Nithatha kade
kangaka na ukukholwa kuko konke abâkuthetháyo abashumayeli!

26 UKrestu ebengamelwe na kukuthi abuve obu bunzima, aze anyuselwe
ewongeni?"

27Wabachazela kuzo zonke iziBhalo iindawo ezithetha ngaye, eqalela
kwiincwadi zikaMosis, waya kutsho kuzo zonke ezabashumayeli bamandulo.

28Basondela ke kuloo dolophana babesiya kuyo, wanga uYesu uyagqitha;

29baza bona bamcela besithi: "Hlala nathi, kuba kuyahlwa, nemini
seyimkile." Wangena ke ukuba ahlale nabo.

30Wathi, esetafileni kunye nabo, wathatha isonka, wabulela, wasiqhekeza,
wabanika.

31Aqabuka amehlo abo, bamazi. Wathi shwaka yena kubo.

32Baza bathi omnye komnye: "Iintliziyo zethu bezingavuthi na luvuyo xa
ebethetha nathi endleleni esityhilela iziBhalo?"

33Besuka kwangelo lixa, babuyela eJerusalem, babafumana abafundi
abalishumi elinanye behlanganisene ndawonye kunye nâbo babenabo,

34besithi: "Inene, iNkosi ivukile! Ibonakele kuSimon."

35Bakubalisa ke okwenzeke endleleni, nokutyhileka kweNkosi kubo xa
yayiqhekeza isonka.

UYesu uzibonakalisa kubafundi bakhe

(Mat 28:16-20; Marko 16:14-18; Yoh 20:19-23; Mseb 1:6-8)

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

36Ke kaloku, besazithetha ezi zinto, uYesu ngenkqu wema phakathi kwabo, [wathi kubo: “Uxolo malube nani.”]

37Basuka bankwantya, baba babona into engengomntu ncam.

38Wathi kubo: “Yini na ukuba nothuke? Kutheni na ukuba nibe nentandabuzo?

39Khangelani izandla zam, niqonde ukuba ndim kanye. Ndiphatheni niqondisise ukuba ndingumntu, ndinenyama namathambo, njengoko nindibona ndinjalo.”

[40Etshilo wababonisa izandla neenyawo zakhe.]

41Ke kaloku, bâthi bengekakholwa, bemangalisiwe bevuya, wathi kubo: “Ninanto ityiwayo na apha?”

42Bamnika intwana yentlanzi eyojiweyo,

43wayithatha, wayitya bejongile.

44UYesu ke wathi kubo: “Zizo ezi izinto endazithethayo kuni ndisenani, ndisithi zimelwe kukuzaliseka zonke izinto ezibhaliweyo ngam emthethweni kaMosis, nasezincwadini zabashumayeli, nasezindumisweni.”

45Waza ke wazikhanyisela iingqondo zabo, ukuze baziqonde iziBhalo;

46wathi kubo: “Kubhalwe kwathiwa uKrestu umelwe kukuthi eve ubunzima, abuye avuke kwabafileyo ngomhla wesithathu.

47Kukwabhalwe kusithiwa zothi egameni lakhe zivakaliswe kuzo zonke iintlanga iindaba zenguquko noxolelo lwezono, kuqalelwa eJerusalem.

48Nina ke ningamangqina ezi zinto.

49Niyabona, mna ndilinika nina idinga likaBawo. Ze nihlale ke eJerusalem nide nixhotyiswe ngamandla avela phezulu.”

UYesu unyuselwa ezulwini

(Marko 16:19-20; Mseb 1:9-11)

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

50UYesu ke waphuma nabafundi bakhe, wabasa ngaseBhetani; waza
waphakamisa izandla zakhe, wabasikelela.
51Kwathi esabasikelela, wahlukana nabo, [wanyuswa wasiwa ezulwini].
52Ke bona [bakuba bequbudile,] babuyela eJerusalem benovuyo olukhulu;
53baza basoloko bekho endlwini kaThixo, bembonga uThixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

UYohane

UYohane 1

Ulizwi waba ngumntu

1Ekuqaleni, kungekadalwa, wayeselekho uLizwi. ULizwi lo wayekunye
noThixo, naye ngokwakhe enguThixo.

2Yena wayekunye noThixo kwasekuqalekeni.

3Izinto zonke zadalwa ngaye; ngaphandle kwakhe akubangakho nto
idaliweyo. Indalo yonke

4yaba nobomi ngaye, baza obo bomi baba lukhanyiso eluntwini.

5Olu khanyiso lukhanya ebumnyameni; kwaye ubumnyama abuzange
bukoyise ukukhanya kwalo.

6UThixo wathuma mntu uthile, ogama linguYohane.

7Yena weza kungqina, engqinela ukukhanya, ukuze bonke bakholwe ngenxa
yobungqina bakhe.

8Yena uYohane ngokwakhe wayengelulo ukhanyiso, koko weza kungqina
ngalo.

9Lowo ulukhanyiso lwenene olukhanyisela wonke umntu, wayesiza
ehlabathini.

10Wafika ke yena ehlabathini; kanti, nangona ihlabathi labakho ngaye nje,
alimqondanga.

11Weza kwelakowabo, aza amawabo akamamkela.

12Kodwa bonke abâmamkeláyo, bezinikele kuye ngokupheleleyo, wabanika
igunya lokuba ngabantwana bakaThixo.

13Ababanga ngabantwana bakaThixo ngokuzalwa bengabomlibo othile,
okanye ngokuzalwa ngendlela yemvelo; nguThixo ngokwakhe obazeleyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

14ULizwi ke waba ngumntu, waza wahlala phakathi kwethu. Sabubukela
ubungangamsha bakhe awabunikwa nguYise, njengoko ekukuphela koNyana
wakhe; ubungangamsha ke obuphuphuma ububele nenyaniso.

15UYohane wangqina ngoLizwi; wavakalisa esithi: “Lo ngulowo bendithetha
ngaye xa bendisithi: ‘Lowo uza emva kwam mkhulu kunam, kuba
wayeselekho ndingekabikho mna.’ ”

16Ngokuphuphuma kobubele bukaLizwi, thina sonke saphiwa iintsikelelo
ezingenasiphelo.

17Nakuba uThixo wasinika umthetho ngoMosis, ubabalo nenyaniso wasinika
ngoYesu Krestu.

18Akukho namnye umntu owakha wambona uThixo. Abantu bamazi uThixo
ngokumaziswa nguNyana okukuphela kwakhe, yena okwanguThixo, ohlala
ehleli esenyongweni kuYise.

Ubungqina bukaYohane umbhaptizi
(Mat 3:1-12; Marko 1:1-8; Luka 3:1-18)

19Nabu ke ubungqina bukaYohane, oko amaJuda aseJerusalem athumela
ababingeleli nabaLevi kuye, okokuba ambuze athi: “Ungubani na?”

20Watsho ngokuphandle, engafihlisi, wathi: “Mna andinguye uKrestu.”

21Bambuza besithi: “Ungubani ke? Ngaba unguEliya?” Yena wathi: “Hayi
andinguye.” Bona bathi: “Ngaba unguye laa Mshumayeli?” Waphendula
wathi: “Hayi, andinguye.”

22Ke ngoko bathi kuye: “Sixelele okokuba ungubani na, ukuze sibe
nokubaphendula abo basithumileyo. Ngaba uthini na wena ngawe
ngokwakho?”

23Waphendula uYohane, ecaphula kumazwi omshumayeli uIsaya, esithi:
“Mna ndililizwi lodandulukayo entlango, lisithi: ‘Yilungiseleleni indlela
iNkosi.’ ”

24Kwakukho nababethunywe ngabaFarasi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

25Bona bambuza uYohane besithi: “Ungáthini ke ukubhaptiza, ungenguye
uKrestu, okanye uEliya, okanye laa Mshumayeli?”

26Wabaphendula uYohane wathi: “Mna ndinibhaptiza ngamanzi. Kambe ke
phakathi kwenu kumi eningamaziyo.

27Yena uza emva kwam, kodwa mna andifanele kukhulula nomtya lo
wezihlangu zakhe.”

28Oku kwênzeka eBhetani, ngaphesheya kweJordan, apho uYohane
wayebhaptiza khona.

Ixhwane ledini

29Ngengomso uYohane wabona uYesu esiza kuye, wathi: “Nâlo ixhwane
likaThixo lokungxengxezela isono sehlabathi.

30Nguye lo bendixela yena xa bendisithi: ‘Emva kwam kuza umntu omkhulu
kunam, kuba wayekho ndingekabikho mna.’

31Nam ngokwam bendingamazi; koko ndize kubhaptiza ngamanzi ngenjongo
yokuba ndimazise kubantu bakwaSirayeli.”

32UYohane wangqina esithi: “Ndibone uMoya oyiNgcwele esihla
enjengehobe, evela ezulwini, waza wahlala phezu kwakhe.

33Ke nam bendingamazi, kodwa lowo wandithumayo ukuba ndibhaptize
ngamanzi, nguye owathi kum: ‘Lowo ùbone uMoya esihla phezu kwakhe,
ahlale kuye, nguye obhaptiza ngoMoya oyiNgcwele.’

34Ke mna, ndikubonile nje oku, ndiyangqina okokuba lo nguye uNyana
kaThixo.”

Abafundi bokuqala bakaYesu

35Ngengomso uYohane wayelapho kwakhona, enababini kubafundi bakhe.

36Waza wabona uYesu edlula apho, wathi: “Nâlo ixhwane likaThixo
lokungxengxezelela isono.”

37Abafundi abo bamva esitsho, baza bamlandela uYesu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

38Akubheka uYesu, wabona ukuba bayamlandela, waza wathi kubo “Ngaba
nifuna ntoni na?” Baza bathi kuye: “Mfundisi, uhlala phi na?”

39Wathi kubo: “Yizani, nibone.” Bahamba kunye naye ke, bayibona indawo
awayehlala kuyo, baza bahlala naye loo mini. Ixesha lalimalunga nentsimbi
yesine emva kwemini.

40YayinguAndreya, umntakwabo-Simon Petros, omnye wâbo bafundi babini
beva ngoYohane, baza bamlandela uYesu.

41Kwangoko uAndreya wabona umntakwabo uSimon, wathi kuye:
“Simfumene uMesiya.” (Oko kukuthi “ uKrestu.”)

42Wamsa kuYesu ke; waza uYesu wamjonga, wathi: “Wena unguSimon,
unyana kaYohane. Igama lakho loba nguKefas.” (Oko kukuthi “Lwalwa.”)

Ukubizwa kukaFilipu noNataniyeli

43Ngengomso uYesu wabona ukuba makaye eGalili; waza wadibana noFilipu,
wathi kuye: “Ndilandele.”

44Ke uFilipu wayengowaseBhetesayida, idolophu yakuloAndreya noPetros.

45UFilipu wadibana noNataniyeli, wathi kuye: “Simbonile lowo uMosis
wabhala ngaye emthethweni, ekwâbhalwa ngaye nangabashumayeli.
NguYesu, unyana kaJosefu waseNazarete.”

46UNataniyeli wathi kuye: “Uthini! Kungákho nto ilungileyo inokuphuma
eNazarete?” UFilipu wathi kuye: “Yiza, uzibonele.”

47UYesu akumbona uNataniyeli esiza kuye, wathi ngaye: “Ngenene nanko
umSirayeli ekungekho nkohliso kuye.”

48UNataniyeli wathi kuye: “Ùndazela phi na?” UYesu wamphendula wathi:
“Wena ndakubona usephantsi komkhiwane, engekakubizi uFilipu.”

49UNataniyeli wamphendula wathi: “Mfundisi, inene unguNyana kaThixo;
unguKumkani wakwaSirayeli.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

50UYesu wathi kuye: “Ùkholwa ngokuba ndithe kuwe ndikuboné uphantsi komkhiwane? Uya kubona izinto ezingaphezulu lee kunezi.”

51Wahambisa wathi kuye: “Ndithi kuni, inene, niya kulibona izulu livulekile, nezithunywa zikaThixo zinyuka zisihla phezu kwakhe uNyana woLuntu.”

UYohane 2

UYesu uguqula amanzi abe yiwayini eKana

1Kwathi ngomhla wesithathu kwabakho umtshato eKana kwelaseGalili, ekho nonina kaYesu.

2UYesu nabafundi bakhe babemenyiwe nabo kuloo mtshato.

3Yakuphela iwayini, unina kaYesu wathi kuye: “Baphelelwe yiwayini.”

4Wathi kuye uYesu: “Mama, khawuyeke. Ixesha lam alikafiki.”

5Waza unina wathi kwizicaka: “Kwenzeni konke anixelelayo.”

6Apho ke kwakukho imiphanda yelitye emithandathu eyayisetyenziswa ngamaJuda kwisiko lawo lokuhlambulula. Umphanda ngamnye wawumkhulu kangangokuba wawungena iilitha ezimalunga namashumi alithoba ukuya kwikhulu.

7UYesu ke wathi kwizicaka: “Zalisani le miphanda ngamanzi.” Izicaka zayizalisa,

8wathi kuzo: “Yikhani ngoku, nise kwinjoli.” Zenjenjalo ke,

9yaza injoli yawangcamla amanzi ajikwe aba yiwayini, koko ingazi apho ivela khona le wayini. Yayizizicaka kuphela ezazisazi, kuba ayekhiwe zizo amanzi. Injoli ke yambiza umyeni,

10yathi kuye: “Idla ngokukhutshwa kuqala iwayini elungileyo, kuthi zakuba zisele zanela iindwendwe, kukhutshwe enganeno. Kodwa wena uyigcine kwada kwangoku eyona wayini ilungileyo.”

11Lo mqondiso wakhe wokuqala uYesu wawenza eKana kwelaseGalili, ebonakalisa ubungangamsha bakhe; baza abafundi bakhe bakholwa kuye.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Emva koko uYesu, nonina, nabantakwabo, nabafundi bakhe, baya
eKapernahum, bahlala khona iintsukwana.

UYesu uvala urhwebo endlwini kaThixo
(Mat 21:12-13; Marko 11:15-17; Luka 19:45-46)

13Yayiselisondele iPasika yamaJuda, waza uYesu waya kuyo eJerusalem.

14 Endlwini kaThixo wafika kukho abathengisi beenkomo, neegusha,
namahobe; kukho nabatshintshi-mali behleli ezitafileni zabo.

15Wenza isabhokhwe ngentambo, wabakhupha bonke endlwini kaThixo,
ezikhupha nezo gusha nezo nkomo. Wayichitha imali yabatshintshi,
wabhukuqa nezo tafile zabo.

16Waza wathi kwabathengisa amahobe: “Zikhupheni apha ezi zinto. Indlu
kaBawo sanukuyenza indawo yokuthengisela.”

17Bakhumbula ke abafundi bakhe okokuba iziBhalo zithi: “Ukuzondelela
indlu yakho, Thixo, kundongamele.”

18Zambuza ke iinkokheli zamaJuda zisithi: “Ùngenza mqondiso mni na
wokusibonisa ukuba unalo igunya lokwenza ezi zinto?”

19Waphendula uYesu wathi: “Yidilizeni le ndlu. Mna ndoyakha kwakhona
ngeentsuku ezintathu.”

20Aza athi amaJuda: “Ukwakhiwa kwale ndlu kwaba yiminyaka emashumi
mane anesithandathu. Ngaba wena ungayivusa na ngeentsuku ezintathu?”

21Yona indlu uYesu awayethetha ngayo yayingumzimba wakhe.

22Kwathi akuvuka kwabafileyo, bakhumbula abafundi bakhe okokuba
wayekuthethile oku, baza bakholwa ziziBhalo nangamazwi awawathethayo
uYesu.

UYesu uyazazi iintliziyo zabantu

23Kwathi, xa uYesu wayeseJerusalem kwitheko lePasika, abantu abaninzi
bakholwa kuye bakubona imimangaliso ayenzayo.

24Kodwa uYesu yena ebengathembelanga kubo, kuba ebazi bonke abantu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

25Kwakungekho mfuneko yakuba kubekho bani umxelelayo ngomntu, kuba yena ezazi iintliziyo zabantu.

UYohane 3

UYesu ufundisa uNikodimo

1Kwakukho inkokheli yamaJuda, egama linguNikodimo. Yona yayiyeyehlelo labaFarasi.

2Ngabusuku buthile lo Nikodimo weza kuYesu, wathi: “Mfundisi, siyazi ukuba ungumfundisi ovela kuThixo, kuba akukho bani unako ukuyenza le miqondiso uyenzayo wena, ukuba uThixo akanaye.”

3UYesu waphendula wathi kuye: “Ndithi kuwe, inene, akukho namnye unokuxhamla ukulawulwa nguThixo, engathanga azalwe ngokutsha.”

4UNikodimo wathi kuye: “Angáthini na ukuzalwa umntu oselemdala? Kaloku akangekhe aphindele esizalweni sikanina, aze azalwe kwakhona.”

5Waphendula uYesu, wathi: “Ndithi kuwe, inene, ukuba umntu akathanga azalwe ngamanzi nanguMoya kaThixo, akanakulawulwa nguThixo.

6Okuzalwa yinyama negazi kuyinyama negazi; okuzalwa nguMoya kunguMoya.

7Sukumangaliswa kukuba ndithe kuwe: ‘Nimelwe kukuzalwa ngokutsha.’

8Umoya uphephezela apho uthanda khona, ùsive isandi sawo, kodwa ùbe ungawazi apho úvela khona nalapho úya khona. Bakwanjalo ke bonke abazelwe nguMoya kaThixo.”

9Waphendula uNikodimo esithi: “Ingenzeka njani le nto?”

10Waphendula uYesu wathi: “Ungumfundisi omkhulu nje wakwaSirayeli, ungathini ukungazazi ezi zinto?

11Ndithi kuwe, inene, sithetha esikwaziyo, singqine esikubonileyo, kanti noko nisuka ningabamkeli ubungqina bethu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Ukuba ndinixelele izinto zasehlabathini naza anakholwa, nothini ke
ukukholwa ndakunixelela izinto zasezulwini?

13Akukho namnye wakha wenyuka waya ezulwini, ngaphandle kwalowo
wehlayo evela ezulwini, uNyana woLuntu.

14“Njengokuba uMosis wayiphakamisayo inyoka entlango, umelwe
kukuphakanyiswa kwangokunjalo naye uNyana woLuntu,

15ukuze bonke abakholwayo kuye babe nobomi obungonaphakade.

16Kaloku uThixo ihlabathi ulithande kangangokuba ude wancama uNyana
okuphela kwakhe, ukuze wonke umntu ozinikele kuye
ngokupheleleyoangatshabalali, koko abe nobona bomi bungenasiphelo.

17Kuba kaloku uThixo akamthumanga uNyana wakhe ehlabathini ukuze
aligwebe, koko wamthuma ukuze abe nguMsindisi walo.

18“Lowo uzinikelayo kuNyana kaThixo akagwetywa; kodwa lowo
ungazinikeliyo selegwetyiwe, kuba engakholwa kuNyana kaThixo okuphela
kwakhe.

19Imbangi yesi sigwebo nantsi: Ukukhanya kufikile ehlabathini, baza abantu
bathanda ubumnyama ngaphezu kokukhanya, kuba izenzo zabo zikhohlakele.

20Kakade wonke umenzi wenkohlakalo ukuthiyile ukukhanya. Akasondeli
nokusondela ekukhanyeni, hleze izenzo zakhe zivele.

21Ke lowo ungowenyaniso uyeza ekukhanyeni, ukuze abonakale ngezenzo
zakhe ukuba umthobele uThixo.”

UYohane udedela uYesu

22Emva koko uYesu nabafundi bakhe baya kummandla wakwaJuda; waza
uYesu waba nexesha ekunye nabo apho, ebhaptiza.

23UYohane naye wayebhaptiza e-Enon, kufuphi neSalem, kuba amanzi
ebemaninzi apho. Abantu babesiya kuye, ababhaptize.

24Ngelo xesha wayengekafakwa entolongweni.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

25Abafundi bakaYohane bâphikisana nomJuda othile malunga
nokuhlanjululwa.

26Baya kuYohane ke, bathi kuye: “Mfundisi, laa mntu wayekunye nawe
phesheya kweJordan, lowa umngqineleyo, úyabhaptiza, kwaye baya kuye
bonke abantu.”

27Waphendula uYohane wathi: “Lonke ilungelo analo umntu ulinikwa
nguThixo.

28Nani ngokwenu ningandingqinela okokuba ndathi: ‘Andinguye mna
uKrestu, koko ndingothunywe ngaphambi kwakhe.’

29Kaloku umtshakazi ngowomyeni. Ke yena umkhaphi womyeni ulindela
ukufika komyeni, aze avuye kunene akuliva izwi lakhe. Ngokukwanjalo
luphelele ngoku uvuyo lwam.

30Makabaluleke yena, ndinciphe mna.”

Lowo uvela ezulwini

31“Lowo uvela phezulu unewonga kunabantu bonke. Lowo uvela ehlabathini
ungowasehlabathini, kwaye uthetha okwehlabathi. Lowo uvela ezulwini
unewonga kunabantu bonke.

32Yena ungqina ngako oko akubonileyo nakuvileyo, kanti noko akukho bani
ubamkelayo ubungqina bakhe.

33Othe wabamkela ubungqina bakhe uqinisekisa okokuba uThixo uyinyaniso.

34Kaloku ethunyiwe nje nguThixo, uthetha amazwi kaThixo, kuba uThixo
umnika uMoya wakhe ngokungenamlinganiselo.

35UYise uyamthanda uNyana; zonke izinto uzinikele esandleni sakhe.

36Othe wakholwa kuNyana, unobomi obungonaphakade. Othe akamthobela
uNyana, akayi kubona bomi; ingqumbo kaThixo ihlala ihleli phezu kwakhe.”

UYohane 4

UYesu nomSamariyakazi

© 1996 Bible Society of South Africa.

1-2Naxa uYesu ngokwakhe engazange abhaptize namnye, ingabafundi bakhe ababebhaptiza, abaFarasi beva ukuba uYesu ugqithisile kuYohane ukufumana abafundi ababhaptize.

3Ngenxa yoko uYesu wemka kwelakwaJuda, wabuyela kwelaseGalili.

4Kwakufuneka acande kwelamaSamariya.

5Wafika kwidolophu yaseSamariya ekuthiwa yiSikare, kufuphi nendawo awathi uYakobi wayinika uJosefu unyana wakhe.

6Lalilapho iqula likaYakobi, waza wathi uYesu, ediniwe luhambo, wahlala phantsi ngasequleni apho. Kwakusemini emaqanda.

7Kwafika umSamariyakazi, eze kukha amanzi, uYesu wathi kuye: “Khawundiphe amanzi, ndisele.”

8Abafundi bakhe babengekho, beye kuthenga ukutya edolophini.

9Waphendula ke umSamariyakazi wathi kuye: “Ungathini na wena ungumJuda nje, ukuwacela kum amanzi, ndingumSamariya nje mna?” Kaloku amaJuda akanabudlelane namaSamariya.

10Waphendula uYesu wathi kuye: “Ukuba ubusazi isipho uThixo afuna ukukupha sona, ùmazi ukuba ngubani na lo ucela amanzi kuwe, ngewucele kuye wena, aze yena akuphe amanzi aphilileyo.”

11Umfazi lowo wathi kuye: “Nkosi, akunanto yakukha, nequla linzulu; ungawafumana phi ke amanzi aphilileyo?

12Ngaba wena umkhulu na kunokhokho wethu uYakobi, owasinika eli qula, awayesela kulo ngokwakhe kwakunye noonyana bakhe nempahla yakhe?”

13Waphendula uYesu wathi kuye: “Bonke abasela kula manzi baya kubuya banxanwe.

14Ke yena othe wawasela amanzi endiya kumpha wona mna, soze anxanwe naphakade. Amanzi endiya kumnika wona, aya kuba ngumthombo ompompoza kuye, emnika obona bomi bungenasiphelo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15Umfazi wathi kuye: “Nkosi, nam ndiphe loo manzi ukuze ndingabi saphinda
ndinxanwe, ndingezi nokuza kukha manzi apha.”

16Wathi kuye: “Hamba uye kubiza indoda yakho, nize apha.”

17Waphendula umfazi wathi: “Andinandoda.” UYesu wathi kuye: “Ùnyanisile
ukuthi akunandoda,

18kuba ubunamadoda amahlanu, nale unayo ngoku asiyoyakho.”

19Umfazi lowo ke wathi kuye: “Nkosi, ndiyabona okokuba wena
ungumshumayeli.

20Ookhokho bethu, thina maSamariya, babenqula uThixo kule ntaba. Ke nina
maJuda nithi iseJerusalem indawo apho abantu bamelwe kukumnqula khona
uThixo.”

21UYesu wathi kuye: “Ndiyakuxelela, liyeza ixesha ekothi ngalo ningabi
samnqula uBawo kule ntaba okanye eJerusalem.

22Nina maSamariya ninqula eningakwaziyo. Thina maJuda sinqula
esikwaziyo, kuba kakade kukwaJuda apho usindiso luphuma khona.

23Kodwa kuza ixesha, kwaye selikho, abaya kuthi ngalo abanquli benene
bamnqule ngoMoya benyanisile uBawo, kuba uBawo ufuna abantu
abamkhonza ngolo hlobo.

24UThixo unguMoya; abo ke bamnqulayo kufuneka bamnqule ngoMoya
benyanisekile.”

25Loo mfazi wathi kuye: “Ndiyazi ukuba uMesiya, ekuthiwa nguKrestu, uyeza.
Wothi ke akufika asixelele konke.”

26UYesu wathi kuye: “Nguye kanye lo uthetha nawe.”

27Kwathi ngelo xesha bafika abafundi bakaYesu, bamangaliswa kukuba
ethetha nomntu obhinqileyo. Noko akubangakho namnye owathi: “Ufuna
ntoni na kuye?” okanye owathi: “Kutheni na ukuba uthethe naye?”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

28Umfazi lowo ke wayishiya ingqayi yakhe, waya edolophini, wathi ebantwini:

29“Yizani nibone; nanku umntu ondixelele zonke izinto endakha ndazenza. Akangebi nguKrestu na?”

30Baphuma ke edolophini, baya kuYesu.

31Ngeli thuba abafundi bakaYesu babembongoza besithi: “Mfundisi, nantsi into etyiwayo!”

32Kodwa yena wathi kubo: “Mna ndinokutya eningakwaziyo nina.”

33Baza abafundi babuzana besithi: “Ngaba kukho mntu umzisele ukutya na?”

34UYesu wathi kubo: “Ukwenza ukuthanda kwalowo undithumileyo kukutya kwam, ndide ndiwufeze umsebenzi wakhe.

35“Anitsho na ukuthi: ‘Kusele iinyanga ezine, kuvunwe’? Niyabona, ndithi kuni, inene, wakhangeleni kakuhle amasimi; nophawula ukuba akulungele ukuvunwa.

36Umvuni seleza kwamkela umvuzo wakhe, evuna isivuno esingabantu abamkela ubomi obungonaphakade. Ngako oko ohlwayelayo uvuya kunye nalowo uvunayo.

37Kungoko liyinyaniso iqhalo elithi: ‘Kuhlwayela lo, kuvune lowa.’

38Ndinithume ukuvuna oko ningabulalekanga kuko. Kwabulaleka abanye, naza nina natya kwimveliso yabo.”

39Into eninzi yamaSamariya aloo dolophu yakholwa kuYesu, yakuva intetho yaloo mfazi ethi: “Undixelele zonke izinto endakha ndazenza.”

40Athe ke amaSamariya akufika kuYesu, ambongoza ukuba ahlale nawo; waza wahlala khona apho iintsuku zambini.

41Baba baninzi ngakumbi abo bâkholwáyo ngenxa yamazwi kaYesu,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

42baza bathi kumfazi lowo: “Asisakholwa ngenxa yokuthetha kwakho. Thina
sikholwa kuba sizivele ngokwethu, saqonda ukuba ngenene lo nguye
uMsindisi wehlabathi.”

43Emva kweentsuku ezimbini uYesu wemka apho, waya eGalili.

UYesu uphilisa unyana wegosa lakomkhulu

44UYesu ngokwakhe wayetshilo ukuthi umshumayeli akenzelwa mbeko
kowabo,

45kodwa akufika eGalili abantu balapho bamamkela. Babezibonile zonke
izinto awazenzáyo kwitheko lePasika eJerusalem, kuba nabo babeyile kweso
sidlo.

46Waphinda uYesu wahambela eKana kwelaseGalili, apho wawaguqulayo
amanzi aba yiwayini. Kwakukho igosa elithile lakomkhulu apho elaligulelwa
ngunyana walo eKapernahum.

47Lakuva ukuba uYesu ufikile eGalili, evela kwelakwaJuda, laya kuye,
lambongoza okokuba ehle aye eKapernahum, aphilise unyana walo
owayegulela ukufa.

48UYesu wathi kulo: “Nina aningekhe nikholwe ukuba anithanga nabona
imiqondiso nemimangaliso!”

49Igosa lakomkhulu ke lathi kuye: “Nkosi, nceda uze engekabhubhi
umntwana wam.”

50UYesu wathi kulo: “Goduka; unyana wakho uphilile.” Indoda leyo yakholwa
ngamazwi kaYesu, yahamba.

51Kwathi isesendleleni yahlangatyezwa zizicaka zayo, zathi: “Unyana wakho
uphilile!”

52Yabuza ke ukuba uqale nini na ukuchacha, zaza zathi: “Uchache izolo
ngentsimbi yokuqala emva kwemini kuloo mkhuhlane.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

53Wakhumbula ke uyise ukuba kwakungêlo xesha kanye uYesu awatsho ngalo
kuye ukuthi: “Unyana wakho uphilile.” Lakholwa ke igosa lakomkhulu,
yakholwa nendlu yalo yonke.

54Lo mqondiso wawenzayo uYesu wawungowesibini emva kokufika kwakhe
eGalili evela kwelakwaJuda.

UYohane 5

Ukuphiliswa kwesigulana eBhetesda

1Kwathi emva koko kwabakho itheko lamaJuda, waza uYesu waya
eJerusalem.

2EJerusalem kukho ichibi leegusha elibizwa ngokuba yiBhetesda
ngesiHebhere. Ngakulo kukho iivaranda ezintlanu.

3Kuzo kwakulele into eninzi yezigulane – iimfama, neziqhwala, nabafe
amacala. [Zazilinde ukuzanya-zanyiswa kwamanzi,

4kuba ngamaxesha athile sasisithi isithunywa seNkosi singene echibini apho,
siwazama-zamise amanzi. Sasisithi ke isigulana esingene kuqala echibini
emva kokuzanya-zanyiswa kwamanzi, siphile nakusiphi na isifo esasinaso.]

5Ke kwakukho ndoda ithile apho, eyayiminyaka imashumi mathathu
anesibhozo igula.

6Kwathi uYesu akuyibona ilele apho, esazi nokuba selinexesha elide igula,
wathi kuyo: “Uyafuna na ukuphila?”

7Saphendula isigulane sathi: “Nkosi, andinamntu wakundifaka echibini akuba
amanzi egxobhekile. Ndithi ndisazama ukungena, ndisuke ndiphangelwe
ngomnye.”

8UYesu wathi kuso: “Phakama! Thatha ukhuko lwakho, uhambe.”

9Kwathi kwangoko waphila loo mntu, waluthatha ukhuko lwakhe, wahamba-
hamba. Oku kwênzeka ngoMhla wokuPhumla,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

10aza amaJuda athi kulowo waphiliswayo: “KungoMhla wokuPhumla namhlanje; akuvumelekanga ukuba uthwale ukhuko lwakho.”

11Waphendula wathi: “Ondiphilisileyo uthe kum: ‘Thatha ukhuko lwakho, uhambe.’ ”

12Ambuza athi: “Ngubani na lowo uthe kuwe: ‘Thatha ukhuko lwakho, uhambe’?”

13Kodwa lowo waphiliswayo wayengamazi okokuba ungubani owamphilisayo, kuba kwakukho abantu abaninzi apho, noYesu wayeselemkile.

14Kwathi emva koko uYesu waphinda wadibana naye endlwini kaThixo, wathi: “Khangela, uphilile ngoku. Yahlukana nesono, hleze uhlelwe yinto embi kunale.”

15Wahamba ke umntu lowo, waya kuwaxelela amaJuda ukuba nguYesu owamphilisayo.

16Ngenxa yaloo nto ke amaJuda amchasa uYesu, kuba esenza ezi zinto ngoMhla wokuPhumla.

17Wawaphendula ke uYesu wathi: “UBawo uyasebenza kude kube ngoku; nam ke ndiyasebenza.”

18Oku kwabangela okokuba amaJuda afune ngakumbi ukumbulala uYesu. Wayengachithanga uMhla wawo wokuPhumla kuphela, kodwa wayezilinganise nokuzilinganisa noThixo ngokuthi uThixo unguYise.

Igunya loNyana

19Ke ngoko uYesu waziphendulela kumaJuda, wathi: “Ndithi kuni, inene, ayikho into ayenza ngegunya lakhe uNyana; kuphela wenza oko akubona kusenziwa nguYise. Oko akwenzayo uYise, naye uNyana uyakwenza;

20kuba uYise uyamthanda uNyana, embonisa zonke izinto azenzayo. Kwaye uya kumbonisa nezenzo ezikhulu kunezi, nitsho nimangaliswe;

© 1996 Bible Society of South Africa.

21kuba kwanjengoko uYise abavusayo abafileyo, abadlise ubomi, ngokunjalo
noNyana ubadlisa ubomi abo athandayo ukubadlisa.

22Kananjalo uYise akagwebi namnye. Lonke igunya lokugweba ulinika
uNyana,

23ukuze bonke bamhlonele uNyana njengoko bamhlonelayo uYise. Lowo ke
ungamhlonelanga uNyana, akamhloneli noYise owamthumayo.

24“Ndithi kuni, inene, lowo uwevayo amazwi am, abe ekholwa kulowo
undithumileyo, unobomi obungunaphakade. Yena akayi kugwetywa
nokugwetywa, kuba selephumile ekufeni wangena ebomini.

25Ndithi kuni, inene, kuza ixesha, kwaye selifikile, lokuba abasemangcwabeni
balive ilizwi loNyana kaThixo, bathi abalivileyo badle ubomi.

26UYise, umthombo odlisa ubomi, ukunike noNyana ukudlisa ubomi.

27Kananjalo umnike negunya lokugweba, kuba yena enguNyana woLuntu.

28Musani ukumangaliswa kuko oku, kuba ixesha liyeza abaya kuthi ngalo
bonke abasemangcwabeni balive ilizwi lakhe,

29baphume emangcwabeni, bathi abo benze ubulungisa bavukele ebomini,
bathi abo benze inkohlakalo bavukele ekugwetyweni.”

Ubungqina ngoYesu

30“Mna ngokwam andinakwenza nto. Ndigweba njengoko ndiyalelweyo,
kwaye ukugweba kwam kufanelekile, kuba andinanjongo yakwenza ntando
yam, koko ndenza ukuthanda kwalowo undithumileyo.

31“Ukuba bendizingqinela ngokwam, ubungqina bam ngebuthandabuzeka.

32Kodwa ndinomnye ongqina ngam, kwaye ndiyazi ukuba ubungqina bakhe
abuthandabuzeki.

33Senathumela kuYohane; ninabo ke ubungqina bakhe mayela nenyaniso.

34Anditsho kuba mna ndixhomekeke ekungqinelweni ngumntu, koko nditsho
ukuze nina nisindiswe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

35UYohane wayesisibane esikhanyisayo, naza nina navuyiswa okwethutyana
kukukhanyiselwa nguye.

36Kodwa ndinabo ubungqina obungaphezulu kobo bukaYohane, kuba
imisebenzi andithumileyo uBawo ukuba ndiyifeze, ezi zinto kanye
ndizenzayo, ziyandingqinela ukuba ndithunywe nguBawo.

37NoBawo ngokwakhe, yena lowo undithumileyo, ungqinile ngam, nangona
nina ningazange nilive ilizwi lakhe, ningazange nimbone nokumbona.

38Ilizwi lakhe alibanga nandawo yakuhlala kuni, kuba anikholwa kulowo
amthumileyo.

39Niyaziphengulula iziBhalo, nizicingela okokuba ninobomi
obungonaphakade ngokuzifunda; kanti zona zingqina ngam,

40kodwa nina anifuni ukuza kum ukuze nibe nabo obo bomi.

41“Mna andinanze kunconywa ngabantu;

42kodwa nina niyakufuna, kuba kaloku ukumthanda uThixo akukho kuni.

43Mna ndize ndigunyaziswe nguBawo, kodwa nina anindamkelanga. Ukuba
ubani uthe weza ngelilelakhe igunya niya kumamkela!

44Beninokuthini kakade ukukholwa njengokuba nisemva kokuncomana nje,
ningakukhathalelanga ukunconywa ngulowo unguThixo yedwa?

45Kodwa ke ze ningabi niya kumangalelwa ndim kuBawo. Ummangaleli wenu
nguMosis, lowo nithembele kuye.

46Kaloku ukuba benikwamkela okubhalwe nguMosis, ngenindamkela nam,
kuba uMosis wabhala ngam.

47Ke ukuba anikwamkeli oko wakubhalayo uMosis, beningathini kakade
ukuwamkela amazwi am?”

UYohane 6

UYesu wandisa ukutya

(Mat 14:13-21; Marko 6:30-44; Luka 9:10-17)

© 1996 Bible Society of South Africa.

1Kwathi emva koko uYesu waya ngaphesheya koLwandle lwaseGalili, olo
lukwabizwa ngokuba luLwandle lwaseTibheriya.

2Wayelandelwe sisihlwele esikhulu, kuba abantu babeyibonile imiqondiso
awayenzayo ngokuphilisa abagulayo.

3UYesu wenyuka endulini, waza wahlala phantsi nabafundi bakhe.

4Lalisondela itheko lamaJuda ekuthiwa yiPasika.

5Kwathi uYesu akukhangela, wabona isihlwele esikhulu sisiza kuye, waza
wathi kuFilipu: “Ngaba sinokusithenga phi na isonka esaneleyo sokutyisa le
ndimbane?”

6Esitsho nje, wayevavanya uFilipu, kuba yena wayekwazi oko aza kukwenza.

7Waphendula uFilipu, wathi: “Ngathi nesonka samakhulu amabini eerandi
asingekhe sanele okokuba wonke okhoyo afumane iqhekezana.”

8Omnye wabafundi bakaYesu, uAndreya, umntakwabo-Simon Petros, wathi
kuye:

9“Kukho inkwenkwana apha enezonka ezihlanu zerhasi, neentlanzi ezimbini;
kodwa kuyintoni na oko kule nginginya yabantu?”

10Waza uYesu wathi: “Bahlaliseni phantsi abantu.” Kwakukho ibala elikhulu
elinengca apho, baza bahlala phantsi. Inani lamadoda lalikumawaka
amahlanu.

11Wazithatha ke uYesu ezo zonka, wabulela kuThixo, wababela abantu
ababehleli phantsi. Wenjenjalo nakwiintlanzi, baza batya banela.

12Bakuhlutha abantu, uYesu wathi kubafundi bakhe: “Qokelelani okuseleyo.
Makungabikho nentwana emoshakalayo.”

13Bawaqokelela ke amaqhekeza aseleyo ezo zonka zihlanu zerhasi, kwazala
iingobozi ezilishumi elinambini.

14Bakuwubona abantu lo mqondiso uYesu awenzileyo, bathi: “Ngenene, kuthe
kanti nguye lo umshumayeli obekade elindelwe!”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15Waqonda uYesu okokuba bazimisele ukuza kumthatha bamenze ukumkani,
waza wemka, waya entabeni eyedwa.

UYesu uhamba phezu kwamanzi
(Mat 14:22-33; Marko 6:45-52)

16Kwathi kwakuhlwa abafundi bakaYesu behla baya elwandle,

17bakhwela isikhitshana, baluwela ulwandle, besiya eKapernahum. Nangona
kwakusebusuku uYesu wayengekho kubo.

18Amanzi olwandle ayesilwa, kuba kwakuvuthuza umoya.

19Kwathi, bakuba begqibe iikhilomitha ezintlanu okanye ezintandathu
bebheqa isikhitshana, babona nanko uYesu ehamba phezu kwamanzi
olwandle, esondela. Boyika ke,

20kodwa uYesu wathi kubo: “Ndim; sanukoyika.”

21Bamamkela ke esikhitshaneni, kwathi kwangoko isikhitshana safika kuloo
ndawo babesiya kuyo.

UYesu usisonka sobomi

22Ngengomso indimbane yabantu yayisekho ngaphesheya koLwandle
lwaseGalili. Abantu aba babebone isikhitshana sasinye kuphela, baye
babesazi okokuba uYesu wayengakhwelanga nabafundi bakhe, kuba bona
babehambe bebodwa.

23Kodwa ezinye izikhitshana, ezazivela eTibheriya, zafika ngakuloo ndawo
isihlwele sasityela kuyo isonka emva kokuba iNkosi yayibulele.

24Yakubona ke indimbane okokuba uYesu akakho apho, bengekho nabafundi
bakhe, yakhwela kwezo zikhitshana, yaya kumfuna eKapernahum.

25Abo bantu bamfumana uYesu ngaphesheya kolwandle, bathi kuye:
“Mfundisi, ngaba ufike nini na apha?”

26Waphendula uYesu wathi: “Ndithi kuni, inene, anizanga kundifuna kuba
nibone imiqondiso endiyenzayo; nindifuna kuba nitye esaa sonka nahlutha.

© 1996 Bible Society of South Africa.

27Sanukusebenzela ukutya okuphelayo; sebenzelani ukutya okungapheliyo,
okusisondlo sobona bomi bungenasiphelo. Oko kutya niya kukunikwa nguye
uNyana woLuntu, kuba uYise, uThixo, wamgunyazisela oko.”

28Ke ngoko bathi kuye: “Misebenzi mini uThixo afuna siyenze?”

29Waphendula uYesu, wathi kubo: “Umsebenzi uThixo afuna niwenze ngulo
wokuba nizinikele nikholwe kulowo uThixo amthumileyo.”

30Ke bona bathi kuye: “Wena ngaba wenza mqondiso mni na, ukuze sibone
sikholwe kuwe? Yintoni oyenzayo?

31Oobawo bâtya imana entlango, njengoko zitshoyo iziBhalo ukuthi:
‘Wabanika batya isonka esivela ezulwini.’ ”

32Wathi ke uYesu kubo: “Ndithi kuni, inene, asinguye uMosis owaninika
isonka esivela ezulwini; nguBawo oninika esona sonka sisiso esivela ezulwini.

33Isonka esivela kuThixo ngulowo wehlayo evela ezulwini, eze kulinika
ubomi ihlabathi.”

34Baza bathi kuye: “Nkosi, uzungadinwa nanini na ukusipha eso sonka.”

35Wathi kubo uYesu: “Ndim isonka sobomi. Ozayo kum akasoze alambe,
nokholwayo kum akasoze anxanwe.

36“Ke nina, njengoko senditshilo, nindibonile nokundibona, naza noko
anakholwa.

37Bonke endibanikwe nguBawo, baya kuza kum. Ke lowo uzayo kum
andingekhe ndingamamkeli,

38kuba ndehla ezulwini ndingezanga kwenza eyam intando, koko ndize
kwenza intando yalowo wandithumayo.

39Intando yalowo wandithumayo kukuthi kungalahleki namnye kwabo
andinika bona, koko ndibavuse ekufeni bonke ngomhla wokugqibela.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

40Okufunwa nguBawo kukuba wonke ombonayo uNyana akholwe kuye, abe
nobomi obungapheliyo; ndaye ndiya kumvusa ekufeni ngomhla
wokugqibela."

41Aza amaJuda ambombozela, kuba uYesu ethe nguye isonka esehla sivela
ezulwini,

42athi: "Lo mfo akanguye na uYesu, unyana kaJosefu? Sibazi nje ke abazali
bakhe, angathini ngoku ukuthi wehla ezulwini?"

43Waphendula uYesu wathi: "Sanukundikrokrela.

44Akukho namnye unokuza kum engathanga uBawo owandithumayo
amtsalele kum; kwaye lowo ndiya kumvusa ekufeni ngomhla wokugqibela.

45 Abashumayeli bâbhala bathi: 'Bonke baya kuba ngabafundisiweyo
nguThixo.' Bonke ke abathe bamphulaphula uBawo, baza bafunda kuye,
bayeza kum.

46Xa nditshoyo ke andithethi ukuthi kukho bani wakha wambona uBawo.
Akukho namnye wakha wambona uBawo, ngaphandle kwalowo uvela
kuThixo.

47"Ndithi kuni, inene, lowo ukholwayo unabo ubomi obungapheliyo.

48Ndim isonka sobomi.

49Ooyihlo batya imana entlango, kodwa bafa.

50Ke sona isonka esihla ezulwini, seso athi ubani akusitya, angafi.

51Ndim isonka esinobomi, esihlileyo sivela ezulwini. Ukuba ubani uthe
wasitya esi sonka, wophila ngonaphakade. Isonka endiya kumnika sona
ngumzimba wam, endiwunikelayo ukuze ihlabathi liphile."

52AmaJuda ke aphikisana ngamandla, esithi: "Angathini lo mfo ukusityisa
umzimba wakhe?"

53Waza uYesu wathi kuwo: "Ndithi kuni, inene, ukuba anithanga niwutye
umzimba wakhe uNyana woLuntu, nilisele negazi lakhe, aninabo ubomi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

54Lowo uwutyayo umzimba wam, alisele negazi lam, unobomi obungonaphakade, ndaye ndiya kumvusa ekufeni ngomhla wokugqibela.

55Umzimba wam kokona kutya, negazi lam sesona siselo.

56Lowo uwutyayo umzimba wam, alisele negazi lam, yena uhlala kum, nam ndihlala kuye.

57UBawo uSobomi wandithuma, ndaza ndangonobomi ngaye. Ngokukwanjalo othe wawutya umzimba wam uya kuba nobomi ngam.

58Siso ke eso isonka esehla sivela ezulwini; sibe singafani nesiya ooyihlo bâsityayo, baza bafa noko. Osityayo esi sonka wodla ubomi ngonaphakade."

Amazwi obomi obungenasiphelo

59Ezi zinto uYesu wazithetha xa wayefundisa eKapernahum endlwini yesikhungo.

60Bathi bakuziva, abaninzi kubafundi bakhe bathi: "Iyaxakanisa le ntetho. Ngubani onokuyinyamezela le nto?"

61UYesu wayesazi ukuba abafundi bakhe bayakrokra, waza wathi kubo: "Iyanikhubekisa le ndawo?

62Ngaba nothini na nakumbona uNyana woLuntu enyukela apho wayevela khona?

63NguMoya onika ubomi; ke wona amandla omntu akancedi lutho ekunikeni ubomi. Amazwi endiwathethileyo kuni ngakaMoya, anika ubomi.

64Kanti ke noko basekho kuni abangakholwayo." Kaloku uYesu wayebazi kwangaphambili abo bangakholwayo, emazi kwanalowo wayeza kumngcatsha.

65Waza ke wathi: "Kungoko nditshilo kuni ukuthi akukho namnye unokuza kum engakunikwanga nguBawo ukwenjenjalo."

66Ukususela ngoko into eninzi yabafundi bakaYesu yarhoxa, ayaba sahamba naye.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

67Wathi ke uYesu kwabo bafundi bakhe balishumi elinambini: “Nithini na nina? Ngaba nani nifuna ukumka?”

68Waza waphendula uSimon Petros wathi: “Nkosi, singaya kubani, inguwe nje onamazwi angawobomi obungapheliyo?

69Thina siyakholwa sisazi okokuba nguwe onguYedwa kaThixo.”

70Wabaphendula uYesu wathi: “Beninganyulwanga ndim na, nina balishumi elinambini? Kanti omnye kuni aba ungumtyholi.”

71Wayethetha uJudas, unyana kaSimon Sikariyoti, kuba nangona wayengomnye wabafundi abalishumi elinambini, wayeza kungcatsha uYesu.

UYohane 7

Ukungakholwa kwabantakwabo-Yesu

1Emva koko uYesu wehla enyuka neGalili. Wayengathandi ukuya kwelakwaJuda, kuba amaJuda ayefuna ukumbulala.

2Lalisondele itheko lamaJuda ekuthiwa litheko lamaphempe,

3baza bathi kuye abantakwabo: “Khawumke apha, uye kwelakwaJuda, ukuze nabo abafundi bakho abalapho bazibone izinto ozenzayo.

4Kaloku umntu ofuna okokuba into ayenzayo yaziwe, akayenzi ngasese. Ukuba uyazenza ezi zinto, zenze zibonwe lihlabathi lonke.”

5Babesitsho abantakwabo-Yesu kuba nkqu bona babengakholwa kuye.

6Wathi kubo uYesu: “Nina ningaya nanini na, kodwa elam ithuba lokuya alikafiki.

7Abantu beli hlabathi bandithiyile mna, kuba ndisoloko ndiyihlaba imikhwa yabo emibi, kodwa nina bayanithanda.

8Ningaya nina ethekweni apho, kodwa mna andiyi, kuba ayikabi lothuba lifanelekileyo eli kum.”

9Akuba etshilo wasala eGalili.

UYesu kwitheko lamaphempe

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Bakuba bemkile abantakwabo-Yesu ukuya ethekweni apho, naye waya khona, phofu wahamba ngokuzimela.

11AmaJuda ayemfuna apho ethekweni, emana ebuzisa ngaye.

12Kwakugqugulwa ngaye, kukho abathi: “Yindoda leya;” kukho nabathi: “Hayi bo, uyabalahlekisa abantu.”

13Noko akuzange kubekho bani uthetha ngaye ekuhleni, kuba babesoyika amaJuda.

14Kwathi itheko selishushu, uYesu waya endlwini kaThixo, wafundisa.

15Amangaliswa amaJuda, athi: “Ngaba lo mntu uluthathe phi lonke olu lwazi, engafundanga nje?”

16Waza uYesu wawaphendula wathi: “Le mfundiso ndiyifundisayo asiyoyam, koko ivela kulowo undithumileyo.

17Lowo uyenzayo intando kaThixo, uya kuqonda ukuba andithethi okukokwam, koko ndifundisa okuphuma kuThixo.

18Othetha okukokwakhe uzifunela olwakhe udumo; ke yena ofuna udumo lwalowo umthumileyo unyanisekile, akukho nkohliso kuye.

19Akaniwiselanga umthetho na uMosis? Kanti akukho namnye kuni uwuthobeleyo. Kungani na ukuba nifune ukundibulala?”

20Abantu baphendula bathi: “Uphambene! Ngubani ofuna ukukubulala?”

21Waphendula uYesu, wathi kubo: “Ndenze into yanye ngoMhla woPhumlo, naza namangaliswa nonke.

22Khaniphawule le ndawo ngolwaluko lwesiJuda: Ulwaluko lwaqalwa ngamanyange, waza noMosis wawisa umthetho wokuba lubekho. Ngoko niyalùsa nangoMhla wokuPhumla.

23Ukuba ke umntwana oyinkwenkwe niyamalùsa ngoMhla woPhumlo, ngenxa yokuba nifuna ukugcina umthetho kaMosis, kutheni ke ukuba nikhathazeke kuba ndithe ndaphilisa umntu?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

24Sanukugweba ngokwembonakalo; gwebani ngobulungisa.”

Ngaba nguKrestu lo?

25Abanye abantu baseJerusalem babesithi: “Ngaba asinguye na lo bafuna ukumbulala?

26Kanti nanko ethetha ekuhleni, kungekho bani ubhekisa nento le kuye! Ngaba iinkokheli ziqondile okokuba ngokwenyani lo nguKrestu?

27Angathini na lo ukuba nguKrestu simazi nje apho avela khona? UKrestu akufika akuyi kubakho bani waziyo apho avela khona.”

28Watsho ngelivakalayo uYesu, efundisa endlwini kaThixo, wathi: “Niba niyandazi, nisazi nalapho ndivela khona! Mna andizizelanga ngokwam. Ndithunywe ngulowo uyinyaniso. Ke nina animazi,

29kodwa mna ndiyamazi, kuba ndivela kuye, ndithunywe nguye.”

30Babefuna ukumbamba, kodwa akubangakho bani umchukumisayo, kuba lalingekafiki ixesha.

31Kodwa abantu abaninzi bâkholwa kuye, besithi: “Xa athe wafika uKrestu, ngaba ebenokwenza imiqondiso engaphezulu na kunale yenziwe ngulo?”

Ilinge lokubamba uYesu

32 AbaFarasi babeva abantu bethetha ngasese ngoYesu, baza bona nababingeleli abaziintloko bathuma abagadi bendlu kaThixo ukuba bambambe.

33Waza uYesu wathi: “Ndisaza kuba nani ithutyana, ndize ndimke, ndiye kulowo undithumileyo.

34Niya kundifuna ke, ningandifumani, kuba nina aninako ukuya apho ndiya khona.”

35Aza amaJuda abuzana esithi: “Ngaba bethu uza kuya phi, ze ke singabi nako ukumfumana? Ngaba uzimisele ukuya kumaJuda athe saa kwelamaGrike, aze afundise amaGrike?

© 1996 Bible Society of South Africa.

36Ngaba uthetha ukuthini xa athi: ‘Niya kundifuna ningandifumani, kuba nina aninako ukuya apho ndiya khona’?”

Isithembiso ngoMoya oyiNgcwele

37Ngosuku lokugqibela, olo ke lulolona lubalulekileyo lwetheko, wema uYesu, wathetha ngelivakalayo esithi: “Onxaniweyo makeze kum asele.

38 IziBhalo zithi kuya kugqabhuka imisinga yamanzi aphilisayo embilinini walowo ukholwayo kum. ”

39UYesu wayithetha le nto esingisele kuMoya ababeya kumamkela abo babekholwa kuye. Kaloku uMoya wayengekafiki, kuba ubungangamsha bukaYesu babungekabonakali.

Impikiswano ngoYesu

40Bakumva uYesu esitsho, abantu abathile esihlweleni bathi: “Ngenene lo mntu nguye lowa Mshumayeli.”

41Abanye bathi: “Lo mntu nguKrestu.” Kodwa bambi bathi: “Angathini uKrestu ukuvela eGalili?

42 IziBhalo zithi uKrestu woba ngowendlu kaDavide, azalelwe eBhetelehem, idolophu awayehlala kuyo uDavide.”

43Kwabakho impikiswano ke esihlweleni ngenxa yakhe.

44Abanye babefuna ukumbamba, kodwa akubangakho bani umchukumisayo.

Ukungakholwa kweenkokheli zamaJuda

45Abagadi bendlu kaThixo babuyela kubabingeleli abaziintloko nabaFarasi, baza bona bathi kubo: “Kutheni ningezanga naye nje?”

46Baphendula abagadi abo bathi: “Akukho namnye umntu owakha wathetha njengalo.”

47Baza bathi abaFarasi: “Ngaba unilahlekisile na nani?

48Kwiinkokheli zethu nakubaFarasi ngaba kukho mntu wakha wakholwa kuye?

© 1996 Bible Society of South Africa.

49Baqalekisiwe abantu abangawaziyo umthetho kaMosis.”

50KubaFarasi abo kwakukho noNikodimo lowo wayekhe wadlana iindlebe noYesu, waza ke yena wathi kubo:

51“Umthetho wethu awuvumi okokuba umntu agwetywe lingathanga laxoxwa ityala lakhe, kwacaca oko akwenzileyo.”

52Baza bathi kuye: “Ngaba nawe lo ungowaseGalili na? Khawuphengulule iziBhalo ubone, kuba akukho mshumayeli uvela eGalili.”

[53Baza bagoduka ke bonke.]

UYohane 8

Umfazi obanjwe ekrexeza

[1UYesu yena waya eNtabeni yemiNquma.

2Lakuphuma ilanga ngosuku olulandelayo, wabuyela endlwini kaThixo. Isihlwele samngqonga, waza wahlala phantsi, wabafundisa abantu.

3Abachazi-mthetho nabaFarasi beza nomfazi owayebanjwe ekrexeza, bammisa phambi kwabantu;

4baza bathi kuYesu: “Mfundisi, lo mfazi ubanjwe ekrexeza.

5Emthethweni wethu uMosis uthi umfazi onjalo makagityiselwe ngamatye abulawe. Ke wena ngaba uthi makathiweni?”

6Besitsho nje, babemthiyisela, befuna athethe into abanokummangalela ngayo. Kodwa uYesu wathoba, wabhala ngomnwe emhlabeni.

7Besamile njalo bembuza, waphakama, wathi kubo: “Ongenasono kuni makube nguye ogibisela ilitye lokuqala.”

8Waphinda wathoba uYesu, wabhala emhlabeni.

9Bekuvile oko, bemka bonke ngabanye ngabanye, baqalela kwabadala. Kwasala uYesu nomfazi lowo, esemi apho.

10Waphakama uYesu, wathi kuye: “Baphi na abamangaleli bakho? Akukho namnye na oshiyekileyo?”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11Waphendula wathi: “Namnye, Nkosi.” Wathi uYesu: “Nam ke andikugwebi. Hamba, ungàbuye wone.”]

UYesu ukhanyiselo lwehlabathi

12UYesu waphinda wabhekisa ebantwini wathi: “Ndim ukhanyiso lwehlabathi. Lowo undilandelayo soze ahambe ebumnyameni; woba nokhanyiselo olunika ubomi.”

13Baza abaFarasi bathi kuye: “Wena uzingqinela ngokwakho. Ngenxa yoko ubungqina bakho abamkeleki.”

14Waphendula uYesu wathi kubo: “Nangona indim ozingqinelayo, buyinyaniso ubungqina bam, kuba ndiyazi apho ndivela khona nalapho ndiya khona; nina aniyazi imvelaphi yam; nalapho ndiya khona anazi.

15Nina nigweba ngokwabantu. Mna akukho namnye endimgwebayo.

16Kodwa ke, ukuba ndithe ndagweba, isigwebo sam sithembekile; kuba andindedwa, ndikunye noBawo ondithumileyo.

17Nasemthethweni wenu kubhalwe kwathiwa ubungqina bamagqina amabini banele.

18Mna ndizingqinela ngokwam, abe kwanoBawo owandithumayo endingqinela.”

19Baza bathi kuye: “Uphi loo Yihlo?” Waphendula uYesu wathi: “Kwankqu mna lo anindazi, noBawo ningamazi. Ukuba ke benindazi mna, noBawo ngenimazi.”

20Konke oku kwathethwa nguYesu efundisa endlwini kaThixo, ekwigumbi leminikelo; kodwa akubangakho namnye umbambayo, kuba lalingekafiki ixesha.

“Apho ndiya khona mna aninakuya nina”

21Waphinda uYesu wathi kubo: “Ndiyemka mna; ke nina niya kundifuna; yaye niya kufela ezonweni zenu. Apho ndiya khona mna, aninakuya nina.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22Ke ngoko athi amaJuda: “Ngaba bethu úza kuzibulala, esithi nje apho aya khona thina asinakuya?”

23Waza wathi kuwo: “Nina ningabalapha phantsi; mna ndivela phezulu. Nina ningabeli hlabathi; mna andinguye oweli hlabathi.

24Kungoko nditshoyo ukuthi niya kufela ezonweni zenu. Ukuba anithanga nakholwa okokuba ndinguye endinguye, niya kufela ezonweni zenu.”

25Ambuza ke esithi: “Ungubani wena?” Wathi kuwo uYesu: “Ndingulowo ndandithe ndinguye kwasekuqalekeni.

26Ndinezinto ezininzi endingázithethayo ngani, ndinigwebe nokunigweba ngenxa yazo. Kaloku lowo undithumileyo uyinyaniso; ke mna ihlabathi ndilixelele kuphela oko ndikuvileyo ngaye.”

27AmaJuda akazange aqonde okokuba uYesu uthetha nawo ngoYise,

28waza wathi kuwo uYesu: “Xa nithe namphakamisa uNyana woLuntu, noqonda ke ukuba ndinguye endinguye. Noqonda ke okokuba mna andenzi nto ngagunya lam, koko ndithetha kuphela oko ndikufundiswe nguBawo.

29Lowo undithumileyo unam; akandishiyanga ndodwa, kuba ndisoloko ndisenza oko kukholekileyo kuye.”

30Bakumva ethetha ezi zinto, abantu abaninzi ithemba labo balibeka kuYesu.

“Inyaniso iya kunenza nikhululeke”

31Ke ngoko uYesu wathi kumaJuda abeke ithemba kuye: “Ukuba nithe nazingisa ukuhlala nisenza oko ndinifundisileyo, niya kuba ngabafundi bam benene.

32Niya kuyiqonda ke inyaniso; yaye inyaniso iya kunenza nikhululeke.”

33Aphendula amaJuda athi kuye: “Thina siyinzala ka-Abraham; zange sibe ngamakhoboka nanini na. Uthetha ukuthini ke xa uthi siya kukhululeka?”

34Wawaphendula uYesu wathi: “Ndithi kuni, inene, bonke abenza isono bangamakhoboka esono.

© 1996 Bible Society of South Africa.

35Ikhoboka alinalungelo lisisigxina emzini; onelungelo elinjalo emzini ngunyana.

36Ukuba ke uNyana uthe wanenza nakhululeka, noba ngabakhululekileyo mpela.

37Ndiyazi ukuba niyinzala ka-Abraham. Nakuba kunjalo nizimisele ukundibulala, kuba alingeni kuni ilizwi lam.

38Mna ndithetha endikubonileyo kowam uBawo; ke nina nenza enikuvileyo kowenu uyihlo.”

39Amphendula athi: “Ubawo nguAbraham.” Wathi kuwo uYesu: “Ukuba beningabo abantwana baka-Abraham, ngenimfuza ngezenzo.

40Kanti naku nina nifuna ukundibulala, mna mntu unixelela inyaniso endiyive kuThixo. UAbraham akazange enze nto injalo.

41Nina nenza okwenziwa nguyihlo.” Aza athi kuye: “Thina asiyomigqakhwe. Owethu uBawo mnye; nguThixo.”

42Wathi kuwo uYesu: “Ukuba uThixo ebenguyihlo ngenene, ngenindithanda; kuba ndilapha nje, ndivela kuThixo. Kaloku andizizelanga ngagunya lam; ndithunywe nguye.

43Kutheni ningayiqondi nje intetho yam? Kungenxa yokuba ningakwazi ukulibamba ilizwi lam.

44Nina ningaboyihlo umtyholi, kwaye nithanda ukwenza intando yakhe. Yena wayesisibulala-mntu kwasekuqalekeni. Nenyaniso akayihoyanga, kuba akananyani. Usekhaya xa athetha ubuxoki, kuba yena ulixoki, usobuxoki kanye.

45Kodwa mna ndinixelela inyaniso; kungoko ningakholwayo kum.

46Akukho namnye kuni ungandibeka tyala, athi ndonile. Ndithetha inyaniso nje, ngani ukuba ningakholwa?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

47OngokaThixo uyaweva amazwi kaThixo. Ke ngoko nina aniweva amazwi kaThixo, kuba aningabo abakaThixo.”

“Engekabikho uAbraham besendikho”

48AmaJuda amphendula uYesu, athi kuye: “Asinyanisanga na ke xa sithi ungumSamariya, yaye unendimoni?”

49Waphendula uYesu wathi: “Andinandimoni mna. Ndihlonela uBawo, kodwa nina anindihloneli.

50Mna andizifuneli wonga; ukho ondifunelayo; yena uyandilamlela.

51Ndithi kuni, inene, ukuba umntu uthe wawagcina amazwi am, soze afe naphakade.”

52Aza athi kuye amaJuda: “Hayi ke, kucacile ngoku ukuba unendimoni. UAbraham wafa, nabashumayeli bafa, ube usithi wena, ukuba umntu uthe wagcina amazwi akho, soze afe naphakade.

53Ngaba wena umkhulu na kunobawo uAbraham, yena wafayo? Kwangokunjalo nabo abashumayeli àbasekho. Uzenza bani kakade wena?”

54Waphendula uYesu wathi: “Ukuba bendiziwonga ngokwam, elo wonga ngelingento yanto; kodwa ke nguBawo ondiwongayo, lowo kanye nina nithi nguThixo wenu.

55Nangona nitshoyo, anizange namazi; kodwa mna ndiyamazi. Ukuba mna bendinokuthi andimazi, bendiya kuba ndilixoki njengani. Kodwa ndiyamazi, ndaye ndiyawagcina amazwi akhe.

56Uyihlo uAbraham wagcoba, kuba wayeza kubona le mihla yobukho bam; wayibona ke, wavuya.”

57Aza amaJuda athi kuye: “Ungekabi naminyaka imashumi mahlanu nje, ungathini ukuba sewumbonile uAbraham?”

58Wathi kubo uYesu: “Ndithi kuni, inene, engekabikho uAbraham, besendikho kade mna.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

59Achola amatye ke amaJuda, ukuze amgibisele ngawo uYesu; kodwa yena
uYesu wasuka wee shwaka, wemka endlwini kaThixo.

UYohane 9

UYesu uphilisa umntu ozelwe eyimfama

1UYesu wathi ehamba ngendlela wabona umntu owayezelwe eyimfama.

2Bambuza ke abafundi bakhe besithi: “Mfundisi, uphi undonakele ukuze
azalwe eyimfama nje? Ngaba nguye, okanye ngabazali bakhe?”

3Waphendula uYesu wathi: “Eyimfama nje, akonanga yena, kungonanga
nabazali bakhe. Uzelwe eyimfama ukuze amandla okusebenza kukaThixo
abonakaliswe ngaye.

4Simelwe kukuyenza kusesemini imisebenzi esiyinikwe ngulowo
undithumileyo. Ubusuku buyeza, apho kungayi kubakho bani unako
ukusebenza.

5Okweli thuba ndisesehlabathini ndilukhanyiso lwehlabathi.”

6Akuba etshilo, uYesu watshicela emhlabeni, wenza udaka, wawaqaba ngalo
amehlo emfama leyo;

7waza wathi kuyo: “Hamba uye kuhlamba kwichityana laseSilowa.” (Oko
kukuthi “thunyiwe”.) Yahamba ke imfama, yaya kuhlamba, yabuya ibona.

8Abamelwane nabanye abantu ababeqhele ukumbona loo mntu engqiba,
bathi: “Lo mfo asinguye na lowa ebehlala engqiba?”

9Abanye babesithi nguye, abanye besithi asinguye kodwa ufana naye. Waza
umfo lowo wathi: “Ndinguye.”

10Bambuza ke, bathi: “Avulwe yintoni amehlo akho?”

11Wathi yena: “Laa mntu kuthiwa nguYesu, wenza udaka, waqaba ngalo
amehlo am, wathi mandiye eSilowa, ndihlambe. Ndiyile ke, ndahlamba, aza
avuleka amehlo am.”

12Baza bathi: “Uphi loo mntu ngoku?” Ke yena wathi: “Andazi.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

AbaFarasi benza uphando ngokuphila kwemfama

13Bamthatha ke loo mfo owayeyimfama, bamsa kubaFarasi;

14kuba kwakunguMhla wokuPhumla loo mini uYesu wenza udaka ngayo, wavula amehlo akhe.

15Ke ngoko abaFarasi bambuza lo mfo okokuba uphiliswe njani ebumfameni bakhe, waza wathi kubo: “Undiqabe amehlo ngodaka, ndahlamba, aza avuleka amehlo am.”

16Baza abaFarasi abathile bathi: “Loo mntu akanakuba ngowakwaThixo, kuba akawuhloneli uMhla woPhumlo.” Kodwa abanye babesithi: “Ukuba ebengumoni ebenokuthini ukwenza imiqondiso elolu hlobo?” Kwabakho impikiswano ke phakathi kwabo.

17Ke ngoko abaFarasi baphinda bathi kuloo mntu wayeyimfama: “Wena uthini ngaye, inguwe nje ovulwe amehlo?” Waza wathi: “ Ungumshumayeli.”

18AmaJuda wona ayengakholwa ukuba wayeyimfama waza wabuya wabona, aza abiza abazali bakhe,

19abuza esithi: “Ngunyana wenu lo? Ngaba wazalwa eyimfama? Ebona nje ngoku kutheni?”

20Abazali bakhe baphendula bathi: “Ewe, ngunyana wethu lo. Wavela eyimfama;

21kodwa asazi ukuba kwenzeke ntoni ebona nje ngoku; nalowo uwavulileyo amehlo akhe asimazi. Buzani kuye; selemdala, unako ukuziphendulela.”

22Abazali bakhe batsho kuba besoyika amaJuda, kuba wona ayeselevumelene ngokuthi ovumayo ukuba uYesu unguye uKrestu, uya kusikwa endlwini yesikhungo.

23Kungoko ke abazali bakhe batshoyo ukuthi: “Buzani kuye; selemdala.”

24Ke ngoko amaJuda aphinda ambuza loo mntu wayezelwe eyimfama, athi kuye: “Sikufungisa uThixo ukuba uthethe inyaniso. Thina siyazi okokuba lo mntu ngumoni.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

25Waphendula wathi: “Ukuba ungumoni, nokuba akanguye, andazi. Ndazi
nto-nye kuphela; bendiyimfama, ngoku ke ndiyabona.”

26Aza athi kuye: “Ukwenze ntoni kanye ukukuvula amehlo?”

27Wawaphendula wathi: “Sendinixelele nje, naza anaphulaphula; kutheni
ukuba nifune ukuva kwakhona? Ngaba nani nifuna ukuba ngabafundi
bakhe?”

28Aza amaJuda amthuka, atsho nokuthi: “Nguwe ongumfundi walaa mfo;
thina singabafundi bakaMosis.

29Siyazi okokuba uMosis wathetha egunyaziswa nguThixo; kodwa yena lo
mfo asimazi, singazi nalapho avela khona.”

30Waphendula wathi: “Simanga! Nina nithi animazi apho avela khona, kanti
nguye owavulileyo amehlo am.

31Kuyaqondakala okokuba uThixo akabeva aboni; kuphela uva abo
bamhloneleyo ngokwenza oko akuthandayo.

32Okoko ladalwayo ihlabathi akuzange kuviwe ngomntu owakha wavula
amehlo omntu ozelwe eyimfama.

33Ukuba lo mntu ebengaveli kuThixo nge-engenako mpela ukwenza into
enje.”

34Amphendula athi: “Singathini ukufundiswa nguwe, ntondini eyazalelwa
esonweni!” Waza ke wasikwa endlwini yesikhungo.

Iimfama ezibonayo

35UYesu weva okokuba umntu lowo usikiwe. Akumfumana wathi kuye:
“Uyakholwa na kuye uNyana woLuntu?”

36Waphendula yena wathi: “Ndixelele ukuba ngongubani lowo, Nkosi, ukuze
nam ndikholwe kuye.”

37Wathi kuye uYesu: “Sewumbonile; ngulo uthethayo nawe ngoku.”

38Waza wathi: “Ndiyakholwa, Nkosi.” Watsho waguqa phambi koYesu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

39Waza wathi uYesu: “Mna ndize kweli hlabathi ukuze abantu bacaluleke:
ukuze iimfama zibone, bathi ababonayo babe ziimfama.”

40 AbaFarasi abathile ababelapho kunye naye, bamva eyithetha le nto, baza
bambuza besithi: “Nathi uthi siziimfama?”

41Wathi kubo uYesu: “Ukuba benizizo iimfama ngeningenatyala, kodwa
ngenxa yokuba nisithi niyabona, nihlala ninalo ityala.”

UYohane 10

Umzekeliso ngesibaya

1“Inene, lowo ungangeniyo ngesango esibayeni seegusha, kodwa usuka
angene ngandawo yimbi, ulisela nesihange.

2Ke lowo ungena ngesango, ngumalusi wazo iigusha.

3Umgcini-sango uyamvulela lowo. Iigusha zakhe ziyaliva izwi lakhe. Uzibiza
ngamagama azo, azikhokelele phandle.

4Akuba ezikhuphile esibayeni iigusha zakhe, uhamba phambi kwazo, zize
zimlandele, kuba ziyalazi izwi lakhe.

5Omnye umntu azingekhe zimlandele. Zosuka zimbaleke, kuba azilazi izwi
lowasemzini.”

6UYesu wabenzela lo mzekeliso, kodwa bona babengayiqondi into
awayeyithetha kubo.

UYesu ngumalusi olungileyo

7Wabuya wathetha nabo uYesu, wathi: “Ndithi kuni, inene, ndim isango
lesibaya seegusha.

8Iigusha zange zibaphulaphule bonke abathe bafika ngaphambi kwam, kuba
babengamasela nezihange.

9Ndim isango; othe wangena ngam wosindiswa. Wongena ephuma, atye
anele.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

10Isela lizele kuphela ukuba libe, lixhele, litshabalalise. Mna ndizele ukuba
abantu babe nobomi, obona bupheleleyo.

11“Mna ndingumalusi olungileyo. Umalusi olungileyo ubuncamela iigusha
zakhe ubomi bakhe.

12Kodwa umqeshwa, ongenguye umninizo, owalusa nje kwagusha, uthi
akubona ingcuka isiza, abaleke, azishiye; ifike ke ingcuka, izibambe iigusha,
izichitha-chithe.

13Umqeshwa lo ke ubaleka kuba engumntu nje oqeshiweyo engazikhathalele
iigusha.

14-15Ndim umalusi olungileyo. Njengokuba uBawo endazi mna, nam ndimazi
uBawo, ngokukwanjalo ndiyazazi iigusha zam, nazo ziyandazi, ndaye nobomi
bam ndibuncamela iigusha zam.

16Ndinazo nezinye iigusha ezingezizo ezesi sibaya. Nazo kufuneke ndize nazo.
Ziya kuliva ilizwi lam, umhlambi ube mnye, nomalusi abe mnye.

17“UBawo uyandithanda, ngenxa yokuba ndibuncama ubomi bam. Ke
ndobuya ndibufumane.

18Akukho bani ubuhluthayo kum ubomi bam; ndibuncama ngokwam.
Ndinelungelo lokubuncama; ndikwanalo nelokubuya ndibufumane. Yiyo ke
leyo into endiyiyalelweyo nguBawo ukuba ndiyenze.”

19Nala ke amazwi âbanga okokuba amaJuda angavani.

20Into eninzi yawo yayisithi: “Unendimoni! Uyageza! Ningáthini
ukumphulaphula?”

21Kodwa amanye ayesithi: “Umntu onendimoni akanakuthetha ngolu hlobo.
Ibinokuthini indimoni ukuba nako ukuvula amehlo eemfama?”

UYesu uyafunwa ngamaJuda

22Kwakusebusika ukufika kwexesha letheko lokukhumbula ukuhlaziywa
kwendlu kaThixo eJerusalem.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

23UYesu wayehamba-hamba endlwini kaThixo evarandeni ekuthiwa yekaSolomon.

24Amrhawula amaJuda, athi kuye: “Phum' egusheni! Ukuba unguye uKrestu, yitsho ngokuphandle.”

25Wawaphendula uYesu wathi: “Sendinixelele, kodwa anakholwa noko. Imisebenzi endiyenzileyo ngegunya endilinikwe nguBawo, iyandingqinela.

26Ningàkholwa nje kum kungenxa yokuba ningezizo iigusha zam.

27Ezam iigusha ziyaliva izwi lam. Ibe ke ndiyazazi; zona ziyandilandela.

28Ndizinika ubomi obungenasiphelo. Azisoze zitshabalale, kwaye akukho bani unokuzihlutha kum.

29Kaloku uBawo ondinike zona unamandla; noko ke akukho bani unokuhlutha nto kuye.

30Ke mna noBawo sibanye.”

31Aphinda amaJuda achola amatye, efuna ukumgibisela ngawo ambulale uYesu.

32Wathi ke kuwo uYesu: “Ngamandla andinike wona uBawo, ndenzé izinto ezininzi ezilungileyo, nindibona. Ngaba kungenxa yasiphi na isenzo senifuna ukundigibisela ngamatye nje?”

33Aphendula amaJuda athi: “Asifuni kukugibisela ngamatye ngenxa yanto ilungileyo uyenzileyo; kungenxa yokuba unyelisa uThixo.Ungáthini, ungumntu nje, ukusuka uzenze uThixo?”

34Waphendula uYesu wathi: “Kowenu umthetho kukhankanywa la mazwi kaThixo athi: ‘Mna ndithe ningoothixo.’

35Aninakuyijika le ntetho yeziBhalo. Kaloku uThixo yena uthi bangoothixo abo athetha nabo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

36Ningáthini ke ukuthi mna ndithetha into emanyumnyezi ngoThixo, xa
ndithi ndinguNyana kaThixo, mna ndamiselwayo nguBawo, ndathunyelwa
ehlabathini nguye?

37Ukuba andiwenzi umsebenzi endithunywe wona nguBawo,
sanukundamkela;

38kodwa ukuba ndiyawenza, bamkeleni ubungqina bezenzo zam, nokuba
ananeliseki ndim. Ke ngoko noqonda nazi okokuba uBawo ukum, nam
ndikuye."

39AmaJuda azama kwakhona ukumbamba uYesu, kodwa wawaphepha,

40wabuya wemka waya phesheya kweJordan, apho wayebhaptiza khona
kuqala uYohane, wahlala khona.

41Kweza abantu abaninzi kuye, bathi: "UYohane okunene akazange enze
namnye umqondiso, kodwa konke awakuthethayo ngalo mntu kuyinyaniso."

42Abantu abaninzi ke balapho bazinikela kuye.

UYohane 11

Ukusweleka kukaLazaro

1Kwakukho mntu uthile ugulayo, uLazaro. WayengowaseBhetani kuloMariya
noMarta oodade wabo.

2UMariya lo ngulowa wayithambisayo iNkosi ngamafutha aqholiweyo, waza
wazisula ngeenwele zakhe iinyawo zayo. Lo Lazaro wayegula
wayengumnakwabo.

3Ke ngoko oodade wabo aba bathumela kuYesu, besithi: "Nkosi, umhlobo
wakho uyagula."

4Akuyiva loo nto, wathi uYesu: "Oku kugula akuyi kuphelela ekufeni, koko
kuya kubonakalisa amandla kaThixo, aze uNyana kaThixo abe nodumo."

5Ngoko ke, nangona uYesu wayebathanda ooMarta noMariya noLazaro,

6wahlala iintsuku zambini kuloo ndawo weva ekuyo ngokugula kukaLazaro.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Emva koko wathi kubafundi bakhe: “Masiphinde siye kwelakwaJuda.”

8Ke ngoko bathi kuye abafundi: “Mfundisi, ebesand' ukufuna ukukugibisela ngamatye nje amaJuda, ungáthini ukubuya uye khona?”

9Wabaphendula uYesu wathi: “Ilanga liyavela, litshone, anditsho? Ke ukuba umntu uhamba emini, akakhubeki; kuba ukhanyiselwa lukhanyiso lweli hlabathi.

10Kodwa ukuba uhamba ebusuku, uyakhubeka; kuba akukho kukhanya kumkhanyiselayo.”

11Akuba etshilo, waqokela wathi: “Umhlobo wethu uLazaro ulele; ndisaya kumvusa.”

12Baza bathi kuye abafundi: “Nkosi, ukuba ulele, uya kuvuka.”

13Kanti ke uYesu wayethetha okokuba uLazaro uswelekile, kodwa bona babeba uthetha ukuthi ulele ubuthongo.

14Ke ngoko wabaxelela ngokuphandle, wathi: “ULazaro ufile;

15kodwa ngenxa yenu ndiyavuya ngokungabikho kwam khona, ukuze nikholwe. Ngoko ke, masiye kuye.”

16Ke ngoko uTomas, uWele, wathi kwabanye abafundi: “Masiye nathi, size sife kunye naye.”

UYesu uluvuko nobomi

17Kwathi akufika uYesu, wafumana ukuba uLazaro seleneentsuku ezine engcwatyiwe.

18IBhetani yayikufuphi neJerusalem, umgama onganeno kweekhilomitha ezintathu,

19kwaza kwafika amaJuda amaninzi, eze kukhuza ooMarta noMariya ngokusweleka komnakwabo.

20Akuva uMarta okokuba uYesu uyeza, wamhlangabeza, kodwa yena uMariya wasala endlwini.

© 1996 Bible Society of South Africa.

21Waza wathi uMarta kuYesu: “Nkosi, ukuba ubukho, ngengabhubhanga
umnakwethu.
22Kodwa nangoku ndiyazi ukuba uThixo wokunika nantoni na oyicelayo
kuye.”
23Waza wathi kuye uYesu: “Umnakwenu uya kubuya avuke.”
24Wathi kuye uMarta: “Ndiyazi okokuba uya kubuya avuke xa kuvuswa
bonke abafileyo ngomhla wokugqibela.”
25Waza wathi kuye uYesu: “Ndim uvuko; ndim ubomi. Lowo ukholwayo kum
wodla ubomi nokuba ebefile.
26Wonke odla ubomi ekholwa kum, soze afe naphakade. Ke wena ngaba
uyakholwa koku?”
27Waza wathi kuye: “Ewe, Nkosi. Sendoyisekile; ndiyavuma okokuba wena
unguye uKrestu, uNyana kaThixo, lowo umelwe kukuza ehlabathini.”

UYesu uyalila

28Akuba etshilo uMarta, wemka waya kubizela bucala udade wabo uMariya,
wathi kuye: “Umfundisi ukho; uyakubiza.”
29Akukuva oko uMariya, wakhawuleza waphuma, wahlangabeza uYesu.
30UYesu ke wayengekangeni edolophini, kodwa wayesekuloo ndawo
wayedibene kuyo noMarta.
31Ke amaJuda lawo awayekunye noMariya endlwini, eze kukhuza, athi
akubona ephakama kamsinya, aphuma amlandela. Ayeba uya kulila
engcwabeni.
32UMariya waya kulaa ndawo wayekuyo uYesu, wafika waziphosa
ezinyaweni zakhe, wathi kuye: “Nkosi, ukuba ubukho, ngengabhubhanga
umnakwethu.”
33Wathi uYesu akumbona elila, namaJuda abeze naye elila, wachukumiseka
entliziyweni, wakhathazeka kakhulu,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

34wathi: “Nimngcwabe phi?” Bathi: “Nkosi, yiza sikubonise.”

35Zehla iinyembezi kuYesu.

36Ke ngoko amaJuda athi: “Khanikhangele ukumthanda kwakhe!”

37Ke amanye kuwo athi: “Wawavula nje amehlo emfama, ngaba ebengenako ukwenza ukuba noLazaro angabhubhi?”

ULazaro uvuswa ekufeni

38Esachukumiseke njalo entliziyweni uYesu, waya engcwabeni. Ingcwaba eli lalingumqolomba, livalwe ngelitye.

39Waza wathi uYesu: “Lisuseni ilitye.” Wathi uMarta, udade bomfi: “Nkosi, selenevumba, kuba seleneentsuku ezine eswelekile.”

40UYesu wathi kuye: “Bendingatshongo na kuwe okokuba uya kuwabona amandla kaThixo ukuba uyakholwa?”

41Balisusa ke ilitye, waza uYesu wakhangela phezulu, wathi: “Bawo, ndiyabulela kuba undiva.

42Mna ke bendisazi ukuba uhlala undiva, kambe ke nditsho ngenxa yale ndimbane yabantu ixhontelene apha, khon' ukuze ikholwe ukuba ndithunywe nguwe.”

43Akuba etshilo wadanduluka wathi: “Lazaro, phuma engcwabeni!”

44Waphuma umfi, izandla neenyawo zithandelwe ngamalaphu elinen, ubuso bujikelwe ngeqhiya. Wathi kubo uYesu: “Mkhululeni, nimyeke ahambe.”

Ibhunga ngoYesu
(Mat 16:1-5; Marko 14:1-2; Luka 22:1-2)

45Into eninzi yaloo maJuda awayeze kukhuza uMariya, ithe yakukubona oko uYesu akwenzileyo, yakholwa kuye.

46Kodwa athile kuwo abuyela kubaFarasi, abaxelela oko uYesu akwenzileyo.

47Ke ngoko abaFarasi nababingeleli abaziintloko babiza intlanganiso yeBhunga, bathi: “Makuthiweni na? Nanku lo mntu esenza imiqondiso emininzi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

48Ukuba sithe samyeka waqhuba ngolu hlobo, bonke baya kukholwa kuye,
aze eze amaRoma, ayidilize indlu kaThixo, alutshabalalise uhlanga lwethu."

49Omnye wabo, uKayafa, owayengumbingeleli omkhulu ngaloo nyaka, wathi:
"Anikayiqondi mpela le nto!

50Aniqondi na okokuba kunilungele ukuba umntu omnye afele abantu,
kunokuba kutshatyalaliswe uhlanga lonke?"

51Oku akakuthethanga kuphuma kuye. Watsho kuba wayengumbingeleli
omkhulu ngaloo nyaka, ebhengeza okokuba uYesu wayeza kulufela uhlanga,

52engafeli lona kuphela, koko efela bonke abantwana bakaThixo abathe saa,
ebahlanganisela ndawonye.

53Kwathi ke ukususela ngaloo mini iinkokheli zamaJuda zabhunga
ukumbulala uYesu.

54Ke ngoko uYesu akabanga sahamba ekuhleni kwelakwaJuda, kodwa wemka
waya ngasentlango, kwidolophu ekuthiwa yeyakwaEfrayim, wahlala khona
apho enabafundi bakhe.

55Itheko lamaJuda ekuthiwa yiPasika, lalisondele; baza ke baba baninzi
abaphuma kuloo mimandla, besiya eJerusalem ngaphambi kwePasika, ukuze
bazihlambulule.

56Babemfuna uYesu; baza bathi bakuhlangana endlwini kaThixo, bamana
bebuzana besithi: "Nithini na? Makube akezi ePasikeni?"

57Ababingeleli abaziintloko nabaFarasi babeyalele okokuba ukuba kukho bani
waziyo apho uYesu akhoyo, kufuneka axele, ukuze bambambe.

UYohane 12

Ukuthanjiswa kukaYesu eBhetani

(Mat 26:6-13; Marko 14:3-9)

1Ngosuku lwesithandathu phambi kwePasika uYesu waya eBhetani, apho
wayehlala khona uLazaro, lowo uYesu wayemvuse ekufeni.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Walungiselelwa isidlo ke uYesu, waza uMarta wabaphakela, uLazaro
engomnye wababehleli etafileni kunye noYesu.

3UMariya wathatha amafutha angangxengwanga esiqholo esiyinadusi,
abunzima bungaphezulwana kwamakhulu amathathu eegram, axabiso
likhulu, wathambisa ngawo iinyawo zikaYesu, wazisula ngeenwele zakhe.
Yatsho indlu yazala livumba elimnandi lesiqholo eso.

4Ke ngoko omnye wabafundi bakaYesu, uJudas Sikariyoti, lowo wayeza
kumngcatsha, wathi:

5“Kutheni esi siqholo singàthengiswa ngamakhulu amathathu eerandi nje, ize
loo mali inikwe amahlwempu?”

6Esitsho nje, kwakungekuko okokuba ebewakhathalele amahlwempu, koko
wayesitsho kuba wayelisela. Ingxowa yabo yemali yayiphathwa nguye,
emana ukucuntsula kuyo.

7Kodwa uYesu wathi: “Myeke; sukumkhathaza. Esi siqholo ebesigcinele
ukulungiselela ukungcwatywa kwam.

8Amahlwempu aya kuhlala ekho,kodwa aniyi kuhlala ninam mna.”

Ibhunga ngoLazaro

9Yeva ke indimbane yamaJuda okokuba uYesu useBhetani, yaya khona,
ingayi kubona uYesu kuphela, koko isiya kubona noLazaro, lowo uYesu
wamvusayo ekufeni.

10Babhunga ke ababingeleli abaziintloko okokuba bambulale noLazaro,

11kuba ngenxa yakhe amaJuda amaninzi ayeguquka akholwe kuYesu.

UYesu ungena eJerusalem ekhwele idonki
(Mat 21:1-11; Marko 11:1-11; Luka 19:28-40)

12Ngengomso indimbane yabantu ababeze kwitheko lePasika, yeva okokuba
uYesu uyeza eJerusalem,

© 1996 Bible Society of South Africa.

13yaxhuzula amasebe emithi yamasundu, yamhlangabeza, yakhwaza isithi:
“Camagu! Makabongwe lowo uzayo egameni leNkosi, uKumkani
wakwaSirayeli!”

14UYesu wafumana idonki eselula, wakhwela kuyo, njengoko zitshoyo
iziBhalo ukuthi:

15“Sukoyika, sixeko saseZiyon. Khangela, uKumkani wakho uza kuwe
ekhwele idonki, ithole lento ebotshwayo.”

16Abafundi bakhe abazange bayiqonde le nto kuqala, kodwa kwathi akuba
uYesu evukile ekufeni, bakhumbula okokuba iziBhalo ziyakuxela oku,
bakhumbula nokokuba bamenzele oku kanye.

17Abantu ababekho oko uYesu wambizayo uLazaro ukuba aphume
engcwabeni, emvusa ekufeni, babebabalisela abanye ngaloo nto.

18Ke ngoko indimbane yaya kumhlangabeza uYesu, kuba yayivile ngokwenza
kwakhe loo mqondiso.

19Baza abaFarasi bathethana besithi: “Khangelani, yeyele ngomkhono! Nanko
elandelwa lilizwe lonke!”

AmaGrike athile afuna ukumbona uYesu

20Kwakukho namaGrike phakathi kwabo bantu babeye kunqula eJerusalem
ngexesha lomsitho wePasika.

21Ke wona aya kuFilipu, lowo waseBhetesayida eGalili, acela esithi: “Nkosi,
sifuna ukubona uYesu.”

22UFilipu waya kuxelela uAndreya, baza bahamba bobabini baya kuxelela
uYesu.

23Wabaphendula uYesu wathi: “Lifikile ngoku ixesha lokuba ubungangamsha
bakhe uNyana woLuntu bubonakale.

24Inene, ukuba ukhozo lwengqolowa aluthanga lufakwe emhlabeni lufe,
lohlala lungabi nto; kodwa ukuba luthe lwafa, luvelisa isiqhamo ngakumbi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

25Lowo ubukokosayo ubomi bakhe, wolahlekelwa bubo; kanti lowo
ubuncamayo kweli hlabathi, wohlala enabo kude kube kwelizayo.

26Lowo usisicaka sam makandilandele, abe kunye nam apho ndikhoyo.
Osisicaka sam ke uya kunikwa imbeko nguBawo."

UYesu uthetha ngokufa kwakhe

27"Intliziyo yam ikhathazekile ngoku. Ndingathini kodwa? Kuthi mandithi:
'Bawo, ndisindise, ulidlulise kum eli xesha'? Hayi, mandingatsho, kuba
kwakungenxa yoku ukuba ndifikelele kweli xesha.

28Ke ngoko ndithi: 'Bawo, zibonakalise into oyiyo wena.' " Kwavakala ilizwi,
liphuma ezulwini, lisithi: "Ndizibonakalisile, ndibe ndisaya kuphinda
ndizibonakalise."

29Isihlwele sabantu ababemi apho sathi liyaduduma, abanye besithi
isithunywa sezulu sithethe naye.

30Kodwa uYesu wathi kubo: "Eli lizwi alivakalanga ngenxa yam, koko
livakale ngenxa yenu.

31Lithwasile ngoku ixesha lokugwetywa kweli hlabathi; umphathi weli
hlabathi uza kukhiqwa ngoku.

32Mna ke, ndakuba ndithe ndaphakanyiswa ndemka emhlabeni, ndiya
kubatsalela kum bonke."

33Esitsho nje, wayebaqondisa ngendlela aza kufa ngayo.

34Isihlwele ke saphendula sathi: " IziBhalo zithi uKrestu uya kuhlala nathi
kude kube nîni. Ungathini ke wena ukuthi uNyana woLuntu umelwe
kukuphakanyiswa emke? Kakade ngubani yena lo Nyana woLuntu?"

35Waza uYesu wathi kubo: "Aliselide ixesha ninalo ukhanyiso. Ke ngoko
hambani ekukhanyeni, nisenalo nje ukhanyiso, hleze ubumnyama
buniqubule, kuba lowo uhamba ebumnyameni akayiqondi indlela ahamba
ngayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

36Hlalani nithembele kulo ukhanyiso ngoku nisenalo, ukuze nibe ngabantu
bokukhanya.” Akuba etshilo uYesu wazimela wemka.

Ukungakholwa kwamaJuda

37Nangona uYesu wayenze imiqondiso engako phambi kwabo, abakholwanga
kuye.

38Le nto yênzeka izalisekisa oko kwathethwayo ngumshumayeli uIsaya esithi:
“Nkosi, ngubani na okholiweyo ludaba lwethu? Amandla eNkosi ngaba
atyhileke kubani na?”

39Abakholwanga ke, njengoko atshoyo nakwenye indawo uIsaya ukuthi:

40“UThixo ubamfamekisile, ubaqaqadekisile, hleze babone ngamehlo,
baqonde ngengqondo: ‘Baze babuyele kum,’ utsho uThixo, ‘ndize
ndibaphilise.’ ”

41UIsaya watsho kuba wabubona ubungangamsha bukaYesu, waza wathetha
ngaye.

42Noko ke into eninzi yeenkokheli zamaJuda yakholwa kuYesu, kodwa
ngenxa yabaFarasi aba bantu abazange bathethe ngaloo nto, hleze basikwe
endlwini yesikhungo.

43Babexabise kakhulu ukunconywa ngabantu ngaphezu kokunconywa
nguThixo.

Ukugweba kwelizwi likaYesu

44Watsho ngelivakalayo uYesu, wathi: “Lowo ukholwayo kum, akakholwa
kum nje kodwa, koko ukholwa nakulowo undithumileyo.

45Lowo undibonayo mna, ubona nalowo undithumileyo.

46Mna ndilukhanyiso; ndize ehlabathini ukuze bonke abakholwayo kum
bangahlali ebumnyameni.

47Lowo uwevayo amazwi am, aze angawagcini, akagwetywa ndim. Andizanga
kuligweba ihlabathi; ndize kulisindisa.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

48Ukho omgwebayo lowo ungandifuniyo, ongawamkeliyo amazwi am. Ilizwi endilithethileyo lilo eliya kumgweba ngomhla wokugqibela.

49Kaloku mna andithethanga nto ivela kum; nguBawo ngokwakhe, yena ondithumileyo, ondiyalele okokuba mandithini, ndithethe ntoni na.

50Ndiyazi ke okokuba lo myalelo wakhe ububomi obungonaphakade. Ke ngoko into endiyithethayo kuphela yileyo uBawo andiyalele ukuba mandiyithethe."

UYohane 13

UYesu uhlamba iinyawo zabafundi bakhe

1Laliselisondele itheko lePasika. UYesu ke wayesazi okokuba lifikile ixesha lokuba anduluke kweli hlabathi, aye kuYise. Wayesoloko ebathanda abo bangabakhe kweli hlabathi, wabathanda kwada kwaba sekugqibeleni.

2-3Ngokuhlwa uYesu nabafundi bakhe babesetafileni besitya. Umtyholi wayeselekufakile entliziyweni kaJudas, unyana kaSimon Sikariyoti, okokuba angcatshe uYesu. UYesu wayesazi ukuba uYise uzinikele ezandleni zakhe zonke izinto; esazi okokuba yena uvela kuThixo, kwaye uya kuThixo.

4Waza ke uYesu waphakama etafileni, wakhulula isambatho sakhe sangaphezulu, wabhinqa itawuli,

5wagalela amanzi ekomini, wahlamba iinyawo zabafundi bakhe, ezisula ngetawuli awayeyibhinqile.

6Akufika kuSimon Petros, yena wathi kuYesu: "Nkosi, uza kuhlamba nezam iinyawo?"

7Waphendula uYesu wathi kuye: "Okwangoku akukayazi into endiyenzayo, kodwa uza kube uyiqonde."

8Wathi kuye uPetros: "Nokuba sekutheni, ngekhe zihlanjwe nguwe iinyawo zam." UYesu wamphendula wathi: "Ukuba andithanga ndikuhlambe, awunabudlelane nam."

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Waza uSimon Petros wathi kuye: “Nkosi, xa kunjalo, sukundihlamba iinyawo
zodwa, selundihlamba izandla nentloko.”

10UYesu wathi kuye: “Oselehlambe umzimba, uswele kuphela okokuba
ahlanjwe iinyawo, ukuze ahlambuluke wonke. Nani ke nihlambulukile,
kodwa aninjalo nonke.”

11UYesu wayeselemazi lowo uza kumngcatsha, kungoko watshoyo ukuthi
abahlambulukanga bonke.

12Akuba uYesu ezihlambile iinyawo zabo, ephinde wasinxiba isambatho
sakhe sangaphezulu, waya kuhlala phantsi, wathi kubo: “Ngaba niyayiqonda
na into endiyenzileyo?

13Nindibiza ngokuthi: ‘Mfundisi,’ okanye: ‘Nkosi’. Niyakholisa ukutsho, kuba
kunjalo.

14Ke ngoko, ukuba mna endiyiNkosi noMfundisi wenu, ndithe ndahlamba
iinyawo zenu, nani ke nimelwe kukuhlambana iinyawo.

15Ndinenzele umzekelo, ukuze nani nenze njengoko mna ndinibonisileyo.

16Ndithi kuni, inene, akukho sicaka singaphezu kwenkosi yaso, kungekho
nothunyiweyo ongaphezulu kwalowo umthumileyo.

17Nivile ke. Hayi uyolo lwenu xa nithe nawulandela lo mzekelo.

18“Andibhekisi kuni nonke. Ndiyabazi abo ndibanyulileyo, kodwa imelwe
kukuzaliseka le ndawo eziBhalweni ithi: ‘Lowo utyayo kunye nam
undivukele.’

19Ndinixelele kungekenzeki, ukuze kuthi, kwakuba kwenzekile, nikholwe
okokuba ndinguye endinguye.

20Inene, lowo umamkelayo endimthumileyo, wamkela mna; ke owamkela
mna, wamkela lowo undithumileyo.”

UYesu walatha umngcatshi wakhe
(Mat 26:20-25; Marko 14:17-21; Luka 22:21-23)

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21Akuba uYesu etshilo, wakhathazeka kakhulu, waza wabaqononondisa esithi: “Ndithi kuni, inene, omnye kuni apha uza kundingcatsha.”

22Baza bajongana abafundi bakhe, bengazi mpela okokuba ngubani na lowo athetha ngaye.

23Ke omnye umfundi kaYesu, lowo wayethandwa nguye, wayehleli ecaleni kwakhe,

24waza uSimon Petros wanqwala kuye ukuba abuze ukuba ngaba uYesu uthetha bani na.

25Lowo mfundi ke wagobela ngakuYesu, wathi: “Ngaba ngubani lowo, Nkosi?”

26Waphendula uYesu wathi: “Ngulowo ndiya kuthi ndakuba ndisithe nkxu isonka, ndimnike.” Waza wathatha iqhekeza lesonka, walithi nkxu, walinika uJudas, unyana kaSimon Sikariyoti.

27Kwathi kwangoko akulamkela elo qhekeza lesonka uJudas, wangenwa nguSathana. Waza wathi kuye uYesu: “Khawulezisa uyenze into oyenzayo.”

28Kwakungekho namnye kwabo basetafileni owakuqondayo oko uYesu wayekuthetha.

29Ekubeni yayigcinwa nguJudas ingxowa yabo yemali, abanye kubafundi babesithi uYesu umthuma ukuba aye kuthenga ezo zinto ziyimfuneko kwitheko lePasika, okanye mhlawumbi uthi makaye kupha amahlwempu amalizo.

30Elamkele ke uJudas elo qhekeza lesonka, waphuma kwangoko. Ke kaloku kwakusebusuku.

Umthetho omtsha

31Akuba emkile uJudas, uYesu wathi: “Ngoku ke uza kunikwa ubungangamsha uNyana woLuntu; uThixo uza kubonakalisa amandla akhe ngaye.

© 1996 Bible Society of South Africa.

32Xa ke uThixo abonakalisa amandla akhe ngaye, wothi amnike
ubungangamsha uNyana woLuntu, kwaye oko uza kukwenza kwangoku.

33Bantwana bam, liphelile ixesha lam phakathi kwenu. Niya kundifuna,
kodwa oko ndakuthethayo kumaJuda ndikuthetha nakuni ngoku, ndisithi:
‘Apho mna ndiya khona, aninakuya nina.’

34Ndiniwisela umthetho omtsha, ndithi: Thandanani! Njengoko
ndinithandileyo mna, nani thandanani kanye ngolo hlobo.

35Ukuba niyathandana, bonke baya kuqonda okokuba ningabafundi bam.”

UYesu uthi uza kukhanyelwa nguPetros
(Mat 26:31-35; Marko 14:27-31; Luka 22:31-34)

36USimon Petros wabuza kuYesu wathi: “Uza kuya phi na, Nkosi?”
Waphendula uYesu wathi: “Apho ndiya khona akukabi nakuya okwangoku,
kodwa wobe ulandele.”

37Wathi kuye uPetros: “Nkosi, kungani na ukuba ndingabi nakuya ngoku?
Ndilindele nokufa ngenxa yakho!”

38Wamphendula uYesu wathi: “Ngaba ukulindele ngenene ukufa ngenxa
yam? Ndithi kuwe, inene, wobe sewundikhanyele kathathu ukukhala
kwenkuku.”

UYohane 14

NguYesu indlela

1“Musani ukukhathazeka; kholosani ngoThixo, nikholose nangam.

2Ikho indawo kowethu. Ukuba bekungenjalo ngendingàtsho ukuthi ndiya
kunilungiselela indawo.

3Ndakuba ndimkile ke ndaya kunilungiselela indawo, ndiya kuza
kuniphuthuma, nize nani nibe lapho ndikhoyo mna.

4Ngoko ke niyayazi indlela eya apho ndiya khona.”

5Waza wathi uTomas: “Nkosi, singàzi nokwazi nje apho uya khona, singáthini
ukuyazi indlela eya khona?”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6Waphendula uYesu wathi: “Ndim indlela, ndim inyaniso, ndim ubomi.
Akukho namnye unokuya kuBawo engayi ngam.

7Nindazi nje mna, niyamazi noBawo. Ngoku ke niyamazi, nimbonile
nokumbona.”

8UFilipu wabhekisa kuYesu, wathi: “Nkosi, khawusibonise uYihlo;
kosanelisa.”

9Wathi kuye uYesu: “Kunini na ndikunye nani, Filipu; ngaba akukandazi?
Lowo ubone mna, ubone uBawo. Utsho ngani wena ukuthi mandinibonise
uBawo?

10Ngaba akukholwa na okokuba mna ndikuye uBawo, abe noBawo ekum?
Endikuthethileyo kuni ke andikuthethi kuphuma kum. Oko ndikwenzayo
kwenziwa nguBawo ohleli kum.

11Kholwani kwendikuthethayo xa ndithi ndikuye uBawo, ekum noBawo.
Ukuba anikholwa kuba ndisitsho, kholwani ngenxa yezinto endizenzayo.

12Inene, okholwayo kum uya kuzenza izinto endizenzayo, ade enze nezinkulu
kunezi, kuba ndiya kuBawo.

13Ke ngoko nayiphi na into eniyicela kum ndiya kuyenza, ukuze uYise
abonakalise amandla akhe ngoNyana.

14Nantoni na eniyicela ngegama lam ndiya kuyenza.”

Isithembiso ngoMoya oyiNgcwele

15“Ukuba niyandithanda noyigcina imiyalelo yam.

16Wothi ke uBawo, ndakumcela, aninike omnye uMmeli, ukuze ahlale nani
ngonaphakade.

17Lo Mmeli nguMoya wenyaniso, lowo ihlabathi lingenako ukumamkela,
kuba lingenako ukumbona, lingamazi nokumazi. Nina ke niyamazi, kuba
uhleli nani, eya kuba ngaphakathi kuni.

18“Ndiyabuya; andiyi kunishiya niziinkedama.

© 1996 Bible Society of South Africa.

19Selisondele ixesha lokuba ihlabathi lingabi sandibona. Kodwa nina niya
kundibona, kuba mna ndiyaphila, naye nani niya kuphila.

20Ngaloo mini niya kuqonda okokuba ndikuBawo, nani nikum, nam ndikuni.

21“Lowo uyamkelayo imiyalelo yam ayigcine, nguye ondithandayo. Lowo ke
undithandayo mna, uya kuthandwa nguBawo. Nam ndiya kumthanda,
ndizibonakalise kuye.”

22Waza uJudas, lowo ungenguye uSikariyoti, wathi kuye: “Nkosi, kutheni na
le nto uza kuzibonakalisa kuthi, ungazibonakalisi kulo ihlabathi?”

23Waphendula uYesu wathi kuye: “Lowo undithandayo uyawagcina amazwi
am. Wothi uBawo amthande, size siye kuye, sihlale kunye naye.

24Lowo ungandithandiyo akakwenzi endikuthethayo. Kanti la mazwi eniwave
ngam akamazwi am, koko ngakaBawo ondithumileyo.

25“Ndinixelele oku ndisekunye nani.

26Ke uMmeli uMoya oyiNgcwele, lowo uBawo aya kumthuma egameni lam,
uya kunifundisa zonke izinto, anikhumbuze ngako konke endithe ndanixelela
kona.

27“Ndinishiya noxolo olulolwam, olungafani nakancinane nolweli hlabathi. Ze
ningakhathazeki, ningoyiki.

28Senditshilo kuni ukuthi ndiyemka, kodwa ndiya kuphinda ndibuyele kuni.
Ukuba benindithanda ngenavuyayo nakuva ukuba ndiya kuBawo, kuba yena
mkhulu kunam.

29Isizathu sokuba ndinixelele ezi zinto ngoku, zingekenzeki, kukuze
zakwenzeka nikholwe.

30Andisenakuthetha zinto zininzi nani, kuba selesiza umphathi weli hlabathi.
Akanagunya kum,

31kodwa ukuze ihlabathi liqonde ukuba ndiyamthanda uBawo, yaye ndisenza
njengoko uBawo andiyaleleyo, ndithi kuni: ‘Phakamani, simke apha.’ ”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

UYohane 15

UYesu ngumdiliya wenene

1“Mna ndingumdiliya wenene; umlimi wawo nguBawo.

2Onke amasebe akum angavelisi siqhamo uyawasusa; onke avelisa isiqhamo uyawathena, ukuze avelise isiqhamo ngakumbi.

3Nina ke senihlambulukile yimfundiso endinifundise yona.

4Hlalani nimanyene nam, njengokuba nam ndihleli ndimanyene nani. Kaloku isebe alinako ukuvelisa isiqhamo ngokwalo lingahlalanga limanyene nomdiliya. Ngokukwanjalo ke nani aninakuvelisa siqhamo ningahlalanga nimanyene nam.

5“Ndim umdiliya; nina ningamasebe. Ohlala emanyene nam, ndibe mna ndihleli ndimanyene naye, uya kuvelisa iziqhamo ezininzi. Kaloku aninakwenza nento le nahlukene nam.

6Ongahlali emanyene nam uyalahlwa, afane nesebe elilahliweyo laza loma. Amasebe anjalo ayaqokelelwa, aphoswe emlilweni atshe.

7Xa nihleli nimanyene nam, nisoloko nisenza ngokwamazwi am, nocela nantoni na ke eniyifunayo, niyifumane.

8Udumo lukaBawo luyatshatshela xa nivelisa iziqhamo ezininzi, nisenjenjalo kuba ningabafundi bam.

9Mna ndiyanithanda nina kwanjengoko uBawo andithandayo mna. Hlalani ke nikholose ngokuthandwa ndim.

10Xa niyigcina imiyalelo yam, noba nihlala nikholose ngokuthandwa ndim. Xelisani mna endiyilulameleyo imiyalelo kaBawo, ndihlala ndikholose ngokuthandwa nguye.

11“Ezi zinto ndizithethe kuni ukuze nibe novuyo enilunikwe ndim, luze uvuyo lwenu lugqibelele.

12Umyalelo endiniyala ngawo ngowokuba nithandane njengoko mna ndanithandayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

13Olona thando lukhulu umntu anokuzithanda ngalo izihlobo zakhe kukuba
ubomi bakhe abuncamele zona.

14Nizizihlobo zam ke nina, ukuba niyayenza imiyalelo yam.

15Andisatsho kuni ukuthi nizizicaka, kuba isicaka asikwazi okwenziwa
yinkosi yaso. Ndinibiza ngokuthi nizizihlobo, kuba ndinixelele konke
endikuvileyo kuBawo.

16Asinini enanyula mna, ndim owaninyulayo nina. Ndanimisela okokuba
niqhubele phambili, nivelise iziqhamo ezihlala zikho. Ke ngoko uBawo uya
kuninika konke enithi nikucele egameni lam.

17Ndiniwisela lo mthetho ke: 'Thandanani!' "

Ihlabathi liya kubathiya abafundi bakaYesu

18"Ukuba ihlabathi lithe lanithiya, ze nikhumbule okokuba lathiya mna
kuqala.

19Ukuba beningabehlabathi, ihlabathi ngelinithanda okwabalo. Kodwa
aningabo abehlabathi, kuba mna ndaninyula kulo ihlabathi. Kungoko
linithiyileyo ihlabathi.

20Likhumbuleni ilizwi endalithethayo kuni, ndisithi: 'Akukho sicaka sikhulu
kunenkosi yaso.' Banditshutshisile mna; ke ngoko bonitshutshisa nani.
Abayamkelanga imfundiso yam; neyenu ke abayi kuyamkela.

21Ezi zinto zonke baya kuzenza kuni ngenxa yam, kuba abamazi lowo
undithumileyo.

22Ukuba bendingathethanga nabo, ngebengabanga natyala; kodwa ngoku
abanandawo bangalandula ngayo malunga nesono sabo,

23kuba ondithiyileyo mna uthiye kwanoBawo.

24Ukuba babengandibonanga ndisenza imisebenzi engazange yenziwa mntu,
ngebengabanga natyala; kodwa bayibonile imisebenzi yam, kanti noko
bandithiyile mna, bamthiyile naye uBawo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

25Noko, bekumelwe kukuba njalo, ukuze lizaliseke ilizwi elibhaliweyo emthethweni wabo elithi: ‘Bandithiya kungekho sizathu mpela.’

26“Ndakuba ndifikile kuBawo, ndonithumela uMmeli onguMoya wenyaniso ovela kuBawo. Xa athe wafika yena, wongqina ngam.

27Nani ke niya kungqina ngam, kuba beninam kwasekuqaleni.

UYohane 16

1“Ndinixelele ezi zinto ukuze ningahlehli elukholweni.

2Niya kusikwa ezindlwini zesikhungo; ewe, kuya kufika ixesha lokuba bonke abanibulalayo bacinge ukuba bakhonza uThixo ngokwenjenjalo.

3Ezo zinto baya kuzenza kuni, kuba bengamazanga uBawo, bengandazanga nam.

4Ndinixelela ezi zinto ukuze kuthi, lakufika ixesha lokuba ezi zinto bazenze, nikhumbule okokuba ndandinixelele.”

Umsebenzi kaMoya oyiNgcwele

“Ekuqaleni andinixelelanga ezi zinto, kuba bendikunye nani.

5Kodwa ngoku ndiyemka, ndiya kulowo undithumileyo. Akukho namnye kuni undibuzayo ukuba ndiya phi na,

6kuba iintliziyo zenu zizaliswe bubuhlungu kukundiva ndinixelela ezi zinto.

7Kodwa ndinixelela inyaniso; kunilungele ukuba ndimke. Ukuba andithanga ndemka, akayi kuza kuni uMmeli; kodwa ukuba ndithe ndemka, ndiya kumthumela kuni.

8Uya kuthi ke akufika ababonise abantu beli hlabathi into esiyiyo isono sabo, into obuyiyo ubulungisa babo, nento okuyiyo ukugwetywa:

9isono esi kukuba bengakholwa kum;

10ubulungisa obu kukuba ndisiya kuBawo, nize ningabi sandibona;

11umgwebo lo kukuba selegwetyiwe umphathi weli hlabathi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12“Ziseninzi izinto endinokuzithetha nani, kodwa zinganixaka okwangoku.

13Xa ke athe wafika yena uMoya wenyaniso, uya kunikhokelela kuyo yonke inyaniso. Akayi kuthetha ngegunya elilelakhe, koko uya kuthetha izinto azivileyo, anichazele izinto ezizayo.

14Yena uya kundenzela iwonga, kuba izinto anichazela zona ziya kuba zezivela kum.

15Isizathu sokuba nditsho ukuthi izinto anichazela zona ziya kuba zezivela kum kukuba zonke izinto ezizezikaBawo zikwazezam.”

Ukuxhala okujika kube luvuyo

16“Kwakufutshanenje anisayi kuba sandibona, kuthi kwakufutshane emva koko niphinde nindibone.”

17Ke ngoko abanye kubafundi bathi omnye komnye: “Ngaba uthetha ukuthini xa athi kuthi kwakufutshanenje asisayi kuba sambona, kuthi kwakufutshane emva koko siphinde simbone, ekwathi kwayena uyemka esiya kuYise?”

18Babuzana ke besithi: “Ngaba uthetha ukuthini na xa athi ‘kwakufutshanenje’? Asiyiqondi into ayithethayo.”

19UYesu wayesazi okokuba bafuna ukumbuza, waza wathi kubo: “Niyabuzana na ngale nto yokuba ndithe kwakufutshane anisayi kuba sandibona, kuthi kwakufutshane emva koko niphinde nindibone?

20Ndithi kuni, inene, niya kulila nenze isijwili, kodwa ihlabathi lona liya kuvuya. Niya kuxhalaba, kodwa ukuxhalaba kwenu kojika kube luvuyo.

21Umfazi uba sezintlungwini lakufika ixesha lokuba azale. Kodwa akuba emzele umntwana akabi sazikhumbula ezo ntlungu, kuphela nje uba novuyo kuba kuzelwe umntu ehlabathini.

22Ngokukwanjalo nani nixhalabile ngoku, kodwa ndophinda ndinibone, nize ke nivuye ngovuyo ekungekho bani unako ukuluhlutha kuni.

23“Ngaloo mini aniyi kuba sandibuza nto. Ndithi kuni, inene, zonke izinto enithe nazicela kuBawo ngegama lam, woninika.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

24Kude kube ngoku anikaceli nto ngegama lam. Celani ke; niya kuphiwa, luze
uvuyo lwenu lugqibelele.”

Ukoyiswa kwehlabathi

25“Ezi zinto ndizithethe kuni ngezafobe, kodwa liyeza ixesha endingayi kuba
santsonkotha ngalo; ndiya kuthetha nani ngokucacileyo ngoBawo.

26Yakufika loo mini, niya kucela ngegama lam. Kungoko ndingatsho ukuthi
iya kuba ndim onicelelayo kuBawo.

27Kaloku uBawo ngokwakhe uyanithanda, kuba nithe nandithanda mna,
nakholwa ukuba ndivela kuThixo.

28Ndaphuma kuBawo, ndeza ehlabathini. Ngoku ke ndiyemka ehlabathini;
ndiya kuBawo.”

29Baza bathi kuye abafundi bakhe: “Uyabona, ngoku uthetha ngokuphandle
ungasantsonkothi ngezafobe.

30Ngoku ke siyaqonda ukuba wena uyazazi zonke izinto. Akusafuneki nganto
ukuba ugocagocwe. Ke siyakholwa kukuba wena uvela kuThixo.”

31Wabaphendula uYesu wathi: “Niyakholwa na ngoku?

32Niyabona, kuza ixesha, kwaye selifikile, lokuba nichithakale nonke, elowo
agoduke, ndize ndisale ndedwa. Noko ke andindedwa, kuba uBawo unam.

33Ndinixelele ezi zinto ukuze nibe noxolo, kuba nimanyene nam. Ehlabathini
niya kubandezeleka; kodwa musani ukuxhalaba, kuba mna ndiloyisile
ihlabathi.”

UYohane 17

UYesu uthandazela abafundi bakhe

1Akuba etshilo uYesu, wakhangela phezulu, wathi: “Bawo, lifikile ngoku
ixesha. Mnike iwonga uNyana wakho, aze abubonakalise ubungangamsha
bakho.

2Kaloku umnike igunya eluntwini, ukuze bonke abo umnike bona, abe nako
ukubanika obona bomi bungenasiphelo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

3Nabu ke obona bomi: kukwazana nawe, wena Thixo unguye, ingabi wumbi;
bazane naye lowo uthunywe nguwe, uYesu Krestu.

4Ndibubonakalisile ubungangamsha bakho ehlabathini; ndiwufezile
umsebenzi ondithume wona.

5Ndiwonge ke ngoku kunye nawe, Bawo, ngelo wonga ndandinalo ndikunye
nawe ihlabathi lingekadalwa nokudalwa.

6“Ndikwazisile kwabo wandinika bona ubahlula kwabehlabathi.
Babengabakho, wabanika mna. Ilizwi lakho libangene.

7Ke ngoku bayaqonda ukuba yonke into endinayo, ivela kuwe.

8Ndilugqithisile udaba obundithume lona kubo. Baqonde kakuhle bakholwa
ukuba ndivela kuwe, bavuma ukuba ndithunywe nguwe.

9“Ndithandazela bona ke; andithandazeli abo behlabathi. Kuphela
ndithandazela abo undinike bona, kuba bengabakho.

10Bonke abangabam, bangabakho; yaye bonke abangabakho, bakwangabam.
Nditsho ndaduma ke ngenxa yabo.

11Njengoko ndisiza kuwe sendinjengongasekhoyo ehlabathini. Kambe ke bona
basesehlabathini. Bakhusele, Bawo ongcwele, ngegunya legama lakho, elo
wandinika lona, ukuze bahlale bebanye njengokuba mna nawe sibanye.

12Oko bendikunye nabo, bendibakhusela ngegunya legama lakho, elo
wandinika lona. Ndabakhusela, akwaduka namnye kubo, ngaphandle
komduka lowo, owazalisekisa okuxelwe kwiziBhalo.

13Njengokuba sendiza kumka, ndize kuwe, ezi zinto ndizithetha
ndisesehlabathini, ukuze baphuphume luvuyo lwam.

14Ilizwi lakho ndiligqithisele kubo. Ke lona ihlabathi libathiyile, kuba
bengengabo abehlabathi, njengokuba nam ndingengowalo ihlabathi.

15Anditsho ukuba ubasuse ehlabathini, koko ndicela ukuba ubakhusele
kongendawo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Nanjengokuba mna ndingenguye owehlabathi, nabo abangabo abehlabathi.

17Benze babe ngabakho ngayo inyaniso. Lilizwi lakho inyaniso.

18Ndibathume ehlabathini njengokuba nam wandithumayo ehlabathini.

19Ndizinikela kuwe ngenxa yabo, ukuze nabo babe ngabakho ngenene.

20“Andithandazeli bona bodwa, koko ndithandazela nâbo baya kundivuma ngenxa yelizwi abaliva ngabo.

21Nceda benze bonke babe banye. Bawo, mabamanyane nathi, njengokuba wena unto-nye nam, nam ndinto-nye nawe. Mababe yimbumba yamanyama, ukuze likholwe ihlabathi ukuba ndithunywe nguwe.

22Ndibanikile nabo iwonga owandinika lona, ukuze nabo babe nto-nye, njengokuba nathi sinto-nye.

23Mandihlale kubo, njengokuba wena uhleli kum, ukuze babe nto-nye ngokupheleleyo, lize ihlabathi liqonde ukuba ndithunywe nguwe, lazi ukuba bona ubathanda njengokuba undithanda mna.

24“Bawo, njengoko ubanike mna nje, ndithanda ukuba babe lapho ndikhoyo, babubone ubungangamsha ondinike bona, kuba wandithanda lingekadalwa nokudalwa ihlabathi.

25Bawo olilungisa, ihlabathi alikwazi. Mna ndiyakwazi, yaye naba bayaqonda ukuba ndithunywe nguwe.

26Ndibazisile ngawe, ndaye ndisaya kwenjenjalo, ukuze uthando ondithanda ngalo mna lumile kubo, nam ndihlale ndimanyene nabo.”

UYohane 18

Ukubanjwa kukaYesu

(Mat 26:47-56; Marko 14:43-50; Luka 22:47-53)

1Emva kwalo mthandazo uYesu wawelela ngaphesheya komlanjana iKedron, ehamba nabafundi bakhe. Kwakukho igadi kuloo ndawo; uYesu wangena kuyo kunye nabafundi bakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2UJudas, umngcatshi wakhe, naye wayeyazi loo ndawo, kuba uYesu
nabafundi bakhe babedla ngokuhlangana kuyo.

3Ke ngoko uJudas waya kuloo ndawo, ehamba neqela lamajoni nabagadi
bendlu kaThixo, bephethe izibane, nezikhuni ezivuthayo, nezikhali,
bethunywe ngababingeleli abaziintloko nabaFarasi.

4UYesu ekwazi konke okwakuza kumhlela, wabakhawulela, wathi: “Nifuna
bani?”

5Baphendula bathi: “UYesu waseNazarete.” Wathi ke kubo: “Ndinguye.”
UJudas umngcatshi wayemi kunye nabo.

6Akuba uYesu ethe: “Ndinguye,” babuya umva, bawa phantsi.

7Wababuza kwakhona uYesu esithi: “Nifuna bani?” Bona bathi: “UYesu
waseNazarete.”

8Wathi uYesu: “Nditshilo ukuba ndinguye. Ke ukuba nifuna mna, bayekeni
bazihambele aba.”

9Esitsho nje wayesenzela ukuba lizaliseke ilizwi awalithethayo kuYise esithi:
“Bawo, akudukanga namnye kwabo wandinika bona.”

10Kuthe ke ngoko uSimon Petros enekrele walirhola, waxabela isicaka
sombingeleli omkhulu, wasisusa indlebe yasekunene. Igama lesicaka eso
lalinguMalko.

11Wathi ke uYesu kuPetros: “Faka ikrele lakho esingxotyeni salo. Le
ntlungu ndiyibekelwe nguBawo. Ndiya kuthini ke ukungayamkeli!”

UYesu phambi koAnas

12Ke ngoko elo qela lamajoni, linomphathi walo, kwakunye nabagadi bendlu
kaThixo ababethunywe ngamaJuda, bambamba uYesu, bambopha izandla.

13Kuqala bamsa kuAnas, kuba wayenguyise womka-Kayafa,
owayengumbingeleli omkhulu ngaloo nyaka.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Ngulo Kayafa ke lo owacebisa amaJuda ngelithi kulungile ukuba umntu omnye afele abantu bonke.

UPetros ukhanyela uYesu
(Mat 26:69-70; Marko 14:66-68; Luka 22:55-57)

15UYesu walandelwa nguSimon Petros kwanomnye umfundi. Lo mfundi ke walandela uYesu wangena eyadini yomzi wombingeleli omkhulu, kuba wayeqhelene nomninimzi lowo.

16UPetros yena wasala ngaphandle kwesango. Waphuma ke lo mfundi wayeqheliwe apho, wathi ethethe nesicakazana esigcina isango, wamngenisa uPetros.

17Sathi ke kuPetros isicakazana eso: “Akunguye na umfundi walo mntu?” Wathi uPetros: “Hayi; andinguye.”

18Kwakubanda; ke ngoko izicaka nabagadi bendlu kaThixo babebase imbawula, beyingqongile, besotha. UPetros waya wema kunye nabo, wotha.

UYesu phambi kombingeleli omkhulu
(Mat 26:59-66; Marko 14:55-64; Luka 22:66-71)

19Umbingeleli omkhulu wabuza uYesu ngabafundi bakhe nangeemfundiso zakhe.

20Waphendula uYesu wathi: “Ndithethe phandle ehlabathini. Bendihlala ndifundisa ezindlwini zesikhungo nasendlwini kaThixo apho kuhlangana khona onke amaJuda. Akukho nto ndiyithethe emfihlakalweni.

21Usandibuza ntoni ke? Buza kwabo bantu bandivileyo. Bayazazi izinto endazithethayo.”

22Akugqibanje ukutsho, omnye wabagadi bendlu kaThixo owayekufuphi naye, wambetha ngempama, esithi: “Yindlela yokuphendula umbingeleli omkhulu le?”

23Wamphendula uYesu wathi: “Ukuba ndithethe ngendlela engeyiyo, cacisa ke. Kodwa ukuba ndithethe kakuhle, undibethela ntoni?”

24UAnas ke wamthumela uYesu esabotshiwe kuKayafa umbingeleli omkhulu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

UPetros ukhanyela uYesu kwakhona
(Mat 26:71-75; Marko 14:69-72; Luka 22:58-62)

25UPetros wayesemi apho esotha, bambuza abanye besithi: “Akunguye na umfundi walaa mntu?” Wakhanyela kodwa uPetros, esithi: “Hayi, andinguye.”

26Isicaka esithile sombingeleli omkhulu, esizalana nalaa ndoda eyasuswa indlebe ngekrele nguPetros, sathi: “Akunguye na lo bendimbone egadini kunye naye laa mntu?”

27Wakhanyela kwakhona uPetros. Kwangoko yakhala inkuku.

UYesu phambi koPilato
(Mat 27:1-2,11-14; Marko 15:1-5; Luka 23:1-5)

28UYesu kwemkiwa naye kwakusasa kwaKayafa, wasiwa emzini werhuluneli. AmaJuda akangenanga khona wona, hleze ngokwesiko lawo azingcolise, angabi nalo ilungelo lokutya iPasika.

29Waphuma ke uPilato, waya kuwo, wathi: “Nimmangalela ngantoni lo mntu?”

30Aphendula athi: “Ngesingamzisanga kuwe ukuba ebengenguye umenzi wobubi.”

31Wathi kuwo uPilato: “Mthatheni nina, nimgwebe ngokwenu, ngokwemithetho yenu.” Amphendula athi amaJuda: “Thina asivumelekanga ukubulala umntu.”

32Ekufuna nje oku amaJuda ayezalisekisa ilizwi likaYesu awalithethayo esalatha indlela aza kufa ngayo.

33Ebuyele ngaphakathi komzi wakhe, uPilato wabiza uYesu, wathi kuye: “Ungukumkani wamaJuda na wena?”

34Waphendula uYesu wathi: “Lo mbuzo uvela kuwe, okanye kukho bantu bambi bathe bakuxelela nto ngam?”

35Wathi uPilato: “Uba ndingumJuda nam? Sisizwe sakowenu nababingeleli abaziintloko abakuzise kum. Yintoni le uyenzileyo?”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

36Wathi ke yena uYesu: “Asibobeli hlabathi ubukhosi bam. Xa bekunjalo
amaphakathi am ebeya kundilwela, ukuze ndingabanjwa ngamaJuda, kodwa
ke asibobalapha ubukhosi bam.”

37UPilato wathi kuye: “Ke, ungukumkani?” Waphendula uYesu wathi:
“Liphuma kuwe eli lithi ndingukumkani. Mna ndithi ndizalelwe ukungqinela
inyaniso; ndizele loo nto kanye ehlabathini. Nabani na ongowenyaniso
uyaliva ilizwi lam.”

38Wathi kuye uPilato: “Yintoni yona inyaniso?”

UYesu ugwetyelwa ukufa
(Mat 27:15-31; Marko 15:6-20; Luka 23:13-25)

Emva kokuba etshilo waphuma uPilato, waya kumaJuda, wathi kuwo: “Mna
andifumani tyala kuye konke.

39Kodwa ngokwesiko lenu ndidla ngokunikhululela umbanjwa abe mnye
ngePasika. Ngaba ke nifuna ndinikhululele ukumkani wamaJuda?”

40Bamphendula bekhwaza besithi: “Hayi, asimfuni lo mntu; sifuna
uBharabha.” UBharabha lo ke wayesisihange.

UYohane 19

1Waza uPilato wayalela ukuba uYesu makakatswe.

2Amajoni oluka isithsaba sameva, amfaka sona entloko, amambathisa
ngengubo ebomvu,

3amana esithi kuye: “Aa! Kumkani wamaJuda!” Aza ambetha.

4Waphinda uPilato waphuma, wathi kumaJuda: “Niyabona, ndimzisa kuni,
ukuze niqonde ukuba andifumani tyala kuye konke.”

5Waphuma ke uYesu, ethwele isithsaba sameva, ambethe ingubo ebomvu.
UPilato wathi kumaJuda: “Nanko ke!”

6Bakumbona ababingeleli abaziintloko nabagadi bendlu kaThixo
badanduluka besithi: “Bethelela emnqamlezweni! Bethelela emnqamlezweni!”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Waza wathi kubo uPilato: “Mthatheni ngokwenu, nimbethelele emnqamlezweni, kuba mna andifumani tyala kuye.”

7Amphendula amaJuda athi: “Thina sinomthetho; yaye umelwe kukuba afe ngokwalo mthetho, kuba ezenza uNyana kaThixo.”

8Akuyiva loo nto uPilato, wothuka ngakumbi,

9waphinda wangena ngaphakathi, wathi kuYesu: “Uvela phi wena?” Kodwa uYesu akamphendulanga.

10UPilato wathi kuye: “Akufuni kundiphendula? Uyaqonda na ukuba ndinegunya lokukukhulula, ndinako nokukubethelela emnqamlezweni?”

11Waphendula uYesu wathi: “Ngewungenagunya kum mpela ukuba ubungalinikwanga nguThixo. Ngoko ke oyena unetyala ngulowo undizise kuwe.”

12UPilato kwaba kukhona afuna ukumkhulula, kodwa amaJuda adanduluka esithi: “Ukuba uyamkhulula lo mntu, uya kuba akukho ngakuKhesare. Kaloku umntu ozenza ukumkani, uchasa uKhesare.”

13Akuyiva le nto, uPilato wamkhuphela ngaphandle uYesu, waya kuchopha esihlalweni sokugweba, endaweni ekuthiwa nguMgangatho waMatye, ngesiHebhere kuthiwa yiGabhata.

14Ke kaloku kwakusemini enkulu ngomhla owandulela iPasika, waza uPilato wathi kumaJuda: “Nanko ke ukumkani wenu.”

15Ankqangaza athi: “Msuse! Msuse! Mbethelele emnqamlezweni!” Wathi kuwo uPilato: “Nifuna ndimbethelele emnqamlezweni ukumkani wenu?” Ababingeleli abaziintloko bathi: “Mnye qha ukumkani wethu: nguKhesare.”

16Waza ke uPilato wabavumela ukuba uYesu abethelelwe emnqamlezweni.

UYesu ubethelelwa emnqamlezweni
(Mat 27:32-44; Marko 15:21-32; Luka 23:26-43)

Kwemkiwa naye uYesu,

© 1996 Bible Society of South Africa.

17ehamba ethwele umnqamlezo wakhe ukuya kuloo ndawo kuthiwa
yeyoKhakhayi, ekuthiwa ngesiHebhere yiGolgota.

18Apho bambethelela emnqamlezweni, ephahlwe ngabanye ababini,
bebethelelwe nabo, uYesu ephakathi.

19UPilato wabhala nesaziso, esaxhonywa emnqamlezweni. Kwakubhalwe
kwathiwa: “UYesu waseNazarete, uKumkani wamaJuda.”

20AmaJuda amaninzi asifunda eso saziso, kuba loo ndawo uYesu
wayebethelelwe kuyo emnqamlezweni yayikufuphi nesixeko. Isaziso eso
sasibhalwe ngesiHebhere, nangesiLatini, nangesiGrike.

21Ke ngoko ababingeleli abaziintloko bamaJuda bathi kuPilato: “Sukubhala
uthi: ‘UKumkani wamaJuda;’ yithi kanye: ‘Lo mntu uthe: NdinguKumkani
wamaJuda.’ ”

22Waphendula uPilato wathi: “Endikubhalileyo ndikubhalile.”

23Akuba amajoni embethelele emnqamlezweni uYesu, azithatha iimpahla
zakhe, abelana ngazo emané. Asithatha sona isambatho sakhe
esasingenamthungo, salukiwe nje sisonke ukususela phezulu.

24Ke ngoko athetha-thethana esithi: “Masingasikrazuli; masiqashise ngaso
ukuba siya kuba sesikabani.” Ukwenjenje oku ayezalisekisa loo ndawo
eziBhalweni ithi: “Babelana ngeempahla zam; baqashisa ngesambatho sam.”
Enza loo nto kanye amajoni.

25Apho ngasemnqamlezweni kaYesu kwakumi unina, nodade bonina,
noMariya umka-Kleyopa, kunye noMariya waseMagadala.

26UYesu akumbona unina emi kunye naloo mfundi uYesu wayemthanda,
wathi kunina: “Mama, nanko unyana wakho.”

27Waza wathi kuloo mfundi: “Nanko unyoko.” Ukususela ngelo xesha loo
mfundi wamthathela emzini wakhe unina kaYesu.

Ukufa kukaYesu
(Mat 27:45-56; Marko 15:33-41; Luka 23:44-49)

© 1996 Bible Society of South Africa.

28UYesu wayesazi ngoku okokuba konke kugqityiwe ukuba kuzalisekiswe okuxelwe eziBhalweni, waza wathi: “Ndinxaniwe.”

29Kwakukho isitya sizele yiwayini emuncu apho, baza bathi nkxu imfunxa kuloo wayini, bayibeka engcongolweni ekuthiwa yihisopu, bayisondeza emlonyeni kaYesu.

30Akuba eyimfimfithile iwayini uYesu wathi: “Kugqityiwe.” Wee qubudu intloko, waphuma umphefumlo.

31Kwakungokuhlwa okwandulela iPasika. AmaJuda ayengathandi ukuba kubekho imizimba esaxhonywe eminqamlezweni ngoMhla wokuPhumla, ngakumbi ngalo wePasika. Amcela ke uPilato ukuba yaphulwe imilenze yâbo babebethelelwe, baze bothulwe nasemnqamlezweni.

32Aya ke amajoni, afika ayaphula imilenze yowokuqala, aza ayaphula neyowesibini owayebethelelwe kunye noYesu.

33Kodwa akufika kuYesu, afumana ukuba selefile; akabi sayaphula ke eyakhe imilenze.

34Suka lamhlaba ngomkhonto ephangweni elinye ijoni, kwaza kwampompoza igazi namanzi.

35Oku kuyangqinwa ngomnye wâbo bakubonileyo, yaye ubungqina bakhe buyinyaniso. Uyazazi ukuba unyanisile, efuna ukuba nani nikholwe.

36Zisenzeka nje ezi zinto, zazizalisekisa okuxelwe ziziBhalo zisithi: “Akuyi kwaphulwa nalinye ithambo lakhe.”

37Kwakhona enye indawo yeziBhalo ithi: “Baya kujonga kulowo bamhlabileyo.”

Ukungcwatywa kukaYesu

(Mat 27:57-61; Marko 15:42-47; Luka 23:50-56)

38Ke kaloku emva koko uJosefu waseArimati wacela imvume kuPilato ukuba awuthathele kuye umzimba kaYesu. UJosefu lo wayengumlandeli

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ofihlakeleyo kaYesu ngenxa yokoyika amaJuda. UPilato wamvumela, waza ke uJosefu waya kuwuthula umzimba kaYesu.

39UJosefu wayekhatshwa nguNikodimo, lowo wayekhe waya kuYesu ngobusuku. UNikodimo wayephethe umxube wentlaka yokuqhola nencindi yekhala engaphezu kweekhilogram ezingamashumi amathathu.

40Bawuthatha ke umzimba kaYesu, bawuthandela ngamalaphu elinen, bawuqhola njengokuba kwakusenziwa ngokwesiko lamaJuda.

41Kwakukho isitiya kuloo ndawo wayebethelelwe emnqamlezweni kuyo uYesu, kukho nengcwaba elitsha, kungekangcwatywa mntu kulo.

42UYesu ke bamngcwaba kweli ngcwaba lilelona likufutshane, kuba uMhla wokuPhumla wawuselusondele.

UYohane 20

Ukuvuka kukaYesu

(Mat 28:1-8; Marko 16:1-8; Luka 24:1-12)

1Phambi komsobomvu ngeCawe uMariya waseMagadala waya engcwabeni, wafika ilitye lokuvala ingcwaba lisusiwe.

2Wabaleka, waya kuSimon Petros nalaa mfundi wayethandwa nguYesu, wathi kubo: “Bayithathile iNkosi engcwabeni. Asazi apho bayibeke khona.”

3Banduluka ke uPetros nomnye umfundi lowo, baya kufika engcwabeni.

4Babebaleka kunye, kodwa omnye umfundi lo wamshiya ngamendu uPetros, wafika kuqala engcwabeni.

5Wathoba nje, wawabona amalaphu elinen, engakhange angene.

6Wagaleleka noPetros, wangena engcwabeni. Wawabona amalaphu ephantsi.

7Ilaphu uYesu awayebotshwe ngalo intloko, walibona lilodwa, lisongiwe.

8Wangena ke naloo mfundi obefike kuqala engcwabeni. Akukhangela wakholwa.

9Kaloku babengaliqondi ilizwi leziBhalo elithi umelwe kukuba avuke ekufeni.

© 1996 Bible Society of South Africa.

[10]Baza ke bagoduka abafundi.

UYesu uzibonakalisa kuMariya waseMagadala
(Mat 28:9-10; Marko 16:9-11)

[11]UMariya wayemi ngasengcwabeni elila. Esalila njalo wathoba, wakhangela engcwabeni,

[12]wabona izithunywa zezulu ezibini zambethe ezimhlophe, zihleli apho bekukho umzimba kaYesu, esinye sihleli ngasentloko, esinye singasezinyaweni.

[13]Zathi ke kuye: “Ulilela ntoni?” Wathi kuzo: “Ithathiwe iNkosi yam. Andazi nokuba ibekwe phi na.”

[14]Esatsho, waguquka, wabona uYesu emi; akaqonda noko ukuba nguYesu.

[15]Wathi kuye uYesu: “Ulilela ntoni, wethu? Ufuna bani?” Ecinga ukuba ngumgcini-sitiya, wathi kuye: “Ndixelele, mnumzana, apho umbeke khona, ukuba umsusile, ze ndiye kumthatha.”

[16]Wathi kuye uYesu: “Mariya!” Waguqukela kuye, wathi kuye ngesiHebhere: “Rabhoni,” oko kukuthi: “Mfundisi.”

[17]Waza wathi uYesu: “Sukundibamba, kuba andikenyuki ndiye kuBawo. Hamba uye kuxelela abahlobo bam ukuba sendinyuka, ndisiya kuBawo okwanguYihlo, uThixo wam okwanguThixo wenu.”

[18]Ke ngoko uMariya waseMagadala waya kubaxelela abafundi ukuba uyibonile iNkosi, waza wabaxelela nomyalezo wayo.

UYesu uzibonakalisa kubafundi bakhe
(Mat 28:16-20; Marko 16:14-18; Luka 24:36-49)

[19]Ngokuhlwa ngaloo mini yeCawe abafundi babehlangene, bezivalile iingcango kuba besoyika amaJuda. Wafika uYesu, wema phakathi kwabo, wathi: “Uxolo malube nani.”

[20]Etshilo wababonisa izandla zakhe nephango lakhe. Baza bafikelwa luvuyo abafundi bakuyibona iNkosi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

21Waphinda wathi kubo uYesu: “Uxolo malube nani. Njengokuba uBawo
endithumile mna, nani ndiyanithuma.”

22Akuba etshilo ke wabaphefumlela, wathi: “Yamkelani uMoya oyiNgcwele.

23Bonke abantu enibaxolelayo izono zabo baya kuxolelwa; kanti bonke
eningabaxoleliyo abayi kuxolelwa.”

UYesu noTomas

24UTomas, omnye wabafundi abalishumi elinambini, lo kuthiwa nguWele,
wayengekho phakathi kwabafundi ukufika kukaYesu kubo.

25Ke ngoko abanye abafundi bathi kuye: “Siyibonile iNkosi!” Kodwa yena
wathi kubo: “Ndingekawaboni nje amanxeba ezikhonkwane ezandleni zayo,
ndifake umnwe emanxebeni ayo, nesandla sam ndisifake ephangweni layo,
andisoze ndikholwe.”

26NgeCawe elandelayo, behlangene kwakhona endlwini abafundi bakaYesu,
ekho noTomas, wafika uYesu, iingcango zivaliwe, wathi: “Uxolo malube
nani.”

27Waza wathi kuTomas: “Faka apha umnwe wakho, uzibone izandla zam.
Solule isandla sakho, usifake ephangweni lam. Yeka ukungakholwa oku!
Kholwa!”

28Waphendula uTomas wathi kuye: “Nkosi yam! Thixo wam!”

29Wathi kuye uYesu: “Uyakholwa ngoku, kuba undibonile? Hayi uyolo lwâbo
bakholwa bengandibonanga!”

Injongo yale ncwadi

30Mininzi neminye imiqondiso awayenzayo uYesu beyibona abafundi bakhe,
engabhalwanga kule ncwadi.

31Ezi ke izinto zibhalelwe ukuze nikholwe ukuba uYesu unguye uKrestu,
uNyana kaThixo; nokuze nithi nikholwa, nibe nobomi ngenxa yegunya
legama lakhe.

UYohane 21

© 1996 Bible Society of South Africa.

Ubanjiso olumangalisayo lweentlanzi

1Emva koko uYesu waphinda wazibonakalisa kubafundi bakhe ngakuLwandle
lwaseTibheriya. Kwahamba ngolu hlobo ukuzibonakalisa kwakhe:

2USimon Petros, noTomas ekuthiwa nguWele, noNataniyeli waseKana eGalili,
kunye noonyana bakaZebhedi, nabanye abafundi ababini, babendawonye.

3Waza wathi kubo uSimon Petros: “Ndisaya kuloba.” Baza bathi kuye: “Nathi
sohamba nawe.” Baya ke bekhwele isikhitshana, kodwa àbababamba nto ngobo
busuku.

4Ukuthi chapha komsobomvu nako kumi uYesu elunxwemeni. Phofu abafundi
babengaqondi ukuba nguYesu.

5Wathi ke ngoko uYesu kubo: “Anibambanga ntlanzi, bafana?” Bamphendula
bathi: “Hayi.”

6Waza wathi kubo: “Phosani umnatha ngasekunene kwesikhitshana.
Nobambisa ke.” Bawuphosa, baza ngenxa yobuninzi beentlanzi ababi nako
ukuwutsala umnatha.

7Ke ngoko loo mfundi obethandwa nguYesu wathi kuPetros: “YiNkosi!”
USimon Petros, akuva ukuba yiNkosi le, wazithi wambu ngengubo, kuba
wayetyedile, watsho waziphosa emanzini.

8Ke bona abanye abafundi baya elunxwemeni ngesikhitshana, bawurhuqa
umnatha, uzele ziintlanzi. Kwakumalunga neemitha ezilikhulu ukuya
elunxwemeni.

9Bakuhla esikhitshaneni, babona umlilo wamalahle, kukho intlanzi kuwo
kwanesonka.

10Wathi kubo uYesu: “Khanize neentlanzi kwezi nisand' ukuzibamba.”

11USimon Petros wakhwela esikhitshaneni, wawurhuqela elunxwemeni
umnatha, uzele ziintlanzi ezinkulu, zilikhulu elinamashumi amahlanu
anantathu zizonke. Nangona zazininzi kangako umnatha awuqhaqhekanga.

© 1996 Bible Society of South Africa.

12Waza wathi kubo uYesu: “Yizani kutya.” Akubangakho namnye kubafundi
ube nabuganga bakuthi: “Ungubani wena?” Kaloku babesazi ukuba yiNkosi.

13Wasondela uYesu, wasithatha isonka, wabanika; wathatha nentlanzi,
wabanika.

14Oku kuzibonakalisa kukaYesu kubafundi bakhe kwakukokwesithathu emva
kokuvuka kwakhe ekufeni.

UYesu noPetros

15Emva kokuba betyile, uYesu wathi kuSimon Petros: “Simon, nyana
kaYohane, uyandithanda na ngaphezu kwaba?” Wathi kuye: “Ewe, Nkosi,
uyazi ukuba ndiyakuthanda.” Wathi kuye uYesu: “Yondla amatakane am.”

16Aphinde athi kuye okwesibini uYesu: “Simon, nyana kaYohane,
uyandithanda na?” Wathi kuye: “Ewe, Nkosi, uyazi ukuba ndiyakuthanda.”
Wathi kuye uYesu: “Yalusa iigusha zam.”

17Wathi kuye okwesithathu uYesu: “Simon, nyana kaYohane, uyandithanda
na?” Wev' intw' embi uPetros ebuzwa okwesithathunje nguYesu esithi:
“Uyandithanda na?” Waza wathi kuYesu: “Nkosi, izinto zonke uyazazi; uyazi
ukuba ndiyakuthanda.” Wathi kuye uYesu: “Yondla iigusha zam.

18Ndithi kuwe, inene, oko ubusemtsha ubuzibhinqisa, uye apho uthanda
ukuya khona, kodwa xa sewaluphele uya kuziphakamisa izandla zakho,
ubhinqiswe ngomnye, akuse apho ungathandi kuya khona.”

19Esitsho nje uYesu, wayesalatha indlela uPetros awayeza kufa ngayo
ukudumisa uThixo. Wandula ukuthi: “Ndilandèle, wena.”

UYesu nomfundi awayemthanda

20Wakhangela ngasemva uPetros, wabona laa mfundi wayethandwa nguYesu
elandela, lowa wayehleli ecaleni kukaYesu esidlweni, waza wabuza kuYesu
ukuba ngubani na owayeza kumngcatsha.

21Wathi ke kuYesu uPetros akumbona lo mfundi: “Nkosi, kuya kuthekani
ngalo?”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22Waza wathi kuye uYesu: “Ukuba ndifuna abekho ndide ndibuye,
inamsebenzi mni loo nto kuwe? Ndilandèle, wena.”

23Yathetheka ke le ntetho phakathi kwabalandeli bakaYesu, kusithiwa loo
mfundi akayi kufa. Kodwa uYesu wayengatshongo kuye ukuba akayi kufa;
wayethe: “Ukuba ndifuna abekho ndide ndibuye, inamsebenzi mni na loo nto
kuwe?”

24Nguye ke lo mfundi ozingqinayo ezi zinto, wazibhala nokuzibhala. Siyazi ke
ukuba ubungqina bakhe buyinyaniso.

Isiqukumbelo

25Zininzi nezinye izinto awazenzayo uYesu. Ukuba bezinokubhalwa zonke
ngazinye, ndithelekelela okokuba ihlabathi liphela belingenakuziqulatha
iincwadi ebeziya kubhalwa.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Umsebenzi Wabathunywa

Umsebenzi Wabathunywa 1

Isithembiso ngoMoya oyiNgcwele

1Kwincwadi yam yokuqala, Tiyofilo, ndabhala ndibalisa ngazo zonke izinto
uYesu awasungula ngazo ukwenza nokufundisa,

2kude kuye kuthi gaa ngaloo mhla wanyuselwa ngawo ezulwini nguThixo.
Ngaphambi kokuba anyuswe uYesu, wathi ngoMoya oyiNgcwele wawayala
loo madoda awawanyulayo ukuba abe ngabathunywa.

3Emva kokubandezelwa nokufa kwakhe wazibonakalisa kuloo madoda
ngeziganeko ezininzi ukuba uvukile. Kwithuba leentsuku ezingamashumi
amane abathunywa babemana bembona, ethetha nabo ebaxelela ngezolawulo
lukaThixo.

4Esitya kunye nabo wabayala wathi: “Ze ningemki eJerusalem. Hlalani
nilinde isipho esathenjiswa nguBawo, esiya ndanixelela ngaso.

5Kaloku uYohane yena wayebabhaptiza ngamanzi abantu; ke nina,
kungekudala, uThixo uza kunibhaptiza ngoMoya oyiNgcwele.”

6Xa babendawonye, abathunywa bambuza uYesu besithi: “Nkosi, ngaba uza
kulubuyisela kwangoku na ulawulo kumaSirayeli?”

7UYesu uphendule wathi: “Asiyondawo yenu ukuwazi amathuba namaxesha
uBawo agqiba yedwa ngawo.

8Nina niya kunikwa amandla, akufika kuni uMoya oyiNgcwele, nindingqinele
ebantwini baseJerusalem, nabakulo lonke elakwaJuda, nabaseSamariya, kude
kuse naseziphelweni zomhlaba.”

Unyuko lukaYesu

9Akuba etshilo uYesu, wanyuselwa ezulwini, bejongile abafundi bakhe.
Lamsitha ilifu, ababa sambona.

10Besakhangele ukumka kwakhe, bondele esibhakabhakeni apho, nango
amadoda amabini, ambethe ezimhlophe, emi ngakubo,

© 1996 Bible Society of South Africa.

11abuza athi: “Madoda, maGalili, nimele ntoni apha nikhangele phezulu nje?
UYesu lo nimbone enyuselwa ezulwini, uya kubuya kwangolu hlobo nimbone
esimka ngalo.”

Abafundi ababekho ngonyuko

12Baza babuyela eJerusalem, bevela entabeni ekuthiwa yeyeMinquma,
ekufuphi neJerusalem umgama omalunga nekhilomitha enye.

13Bakungena esixekweni, banyukela egumbini eliphezulu, apho babehlala
khona. YayinguPetros, noYohane, noYakobi, noAndreya; uFilipu noTomas;
uBhartolomeyu noMatewu; uYakobi unyana ka-Alifeyu, noSimon iTsha-
ntliziyo, kwakunye noJudas unyana kaYakobi.

14Bonke aba babezingisa ukuthandaza ngamxhelo mnye, kukho namanina,
ekho noMariya unina kaYesu nabantakwabo-Yesu.

Ukunyulwa komthunywa esikhundleni sikaJudas

15Ngaloo mihla xa babehlangene ndawonye abakholwayo bemalunga nekhulu
elinamashumi amabini bebonke, waphakama uPetros, wathi:

16“Madoda, mawethu, bekufanelekile ukuba kuzaliseke okwathethwa
nguMoya oyiNgcwele, esebenzisa uDavide ukuxela okuya kwenzeka kuJudas,
lowo wabakhokelela kuYesu abo bambambayo.

17UJudas lo ebengomnye wethu, enenxaxheba kulo msebenzi sikuwo.”

(18Kaloku le ndoda yathenga umhlaba ngaloo mali yayifumana
ngenkohlakalo. Yawa ngesisu, sagqabhuka, zaphalala izibilini kuloo ndawo.

19Le ntlekele yaduma kulo lonke elaseJerusalem; baza bayithiya igama loo
ndawo, bathi yiAkeldama ngolwini lwabo, igama elithetha umhlaba wegazi.)

20“Kuba kaloku kwiNcwadi yeeNdumiso kubhalwe kwathiwa: “ ‘Mawube
linxiwa umzi wakhe; makungahlali nabani kuwo.’ “Kwakhona kuthiwa: “
‘Masithathwe ngomnye isikhundla sakhe.’

21-22“Ngoko ke, makubekho enye indoda ethatha indawo yakhe. Kufuneka ibe
ngumntu obesoloko ekunye nathi ngalo lonke elaa xesha iNkosi yayijikeleza

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

phakathi kwethu; umntu owayekho ukususela kanye ngelaa xesha uYohane
wayebhaptiza, kude kuze kuthi gaa ngomhla wonyuko. Nguloo mntu ke
onokungqina kunye nathi ngokuvuka kweNkosi yethu."

23Baza baphakamisa amagama amadoda amabini: uJosefu owayesaziwa
ngokuba nguBharsabha, obizwa nangokuba nguYusto, kwakunye noMatiya.

24Bathandaza ke benjenje: "Nkosi, wena uzaziyo iingcinga zeentliziyo zabantu
bonke, sahlulele phakathi kwala madoda mabini, usibonise eyona uyinyulele

25kwisikhundla sokukukhonza ingumthunywa, eso satyeshelwa nguJudas
ukuze aye kuloo ndawo imfaneleyo."

26Abhalwa ke la magama omabini, kwenziwa amaqashiso, kwaphumelela
elikaMatiya; waza wabalelwa ekubeni ngumthunywa kunye nabanye
abalishumi elinanye.

Umsebenzi Wabathunywa 2

Ukufika kukaMoya oyiNgcwele

1Ekufikeni komhla wePentekoste babehlangene ndawonye bonke.

2Ngesaquphe beva isandi esingathi kukuza komoya omkhulu, uvuthuza
esibhakabhakeni. Sayizalisa indlu ababehleli kuyo isandi eso.

3Kwabonakala amadangatye angathi ziilwimi, laza lalelo idangatye lahlala
kumntu ngamnye kubo.

4Bazaliswa ke bonke nguMoya oyiNgcwele, baza bathetha ngalwimi zimbi,
njengoko uMoya wabaphayo.

5EJerusalem apho kwakukho amaJuda, abantu ababenenzondelelo ngezinto
zikaThixo, bevela kuzo zonke izizwe zehlabathi.

6Bakukuva oko kwakusenzeka, kwahlanganisana indimbane yabantu, bonke
bemangalisiwe kukuva abalandeli bakaYesu bethetha iilwimi zabo.

7Bethe khumnqa, bathi: "Okunene aba bantu ngamaGalili bonke!

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Ke, kutheni le nto sonke ngabanye sibeva bethetha nathi ngolwimi lweenkobe?

9Thina singamaParti, namaMedi, namaElam, nabaseMesopotami, nabakwaJuda, nabaseKapadoki; singabasePonto naseAsiya,

10eFrigi nasePamfili, naseJiputa nabemimandla yaseLibhiya engaseKirene, nabahambi abavela eRoma.

11SingamaJuda nabangeni buJudeni, amaKrete nama-Arabhu. Siyabeva beyithetha ngeelwimi zethu imisebenzi yamandla kaThixo.”

12Bethe nqa ke bexakiwe, babuzana bathi: “Awu! Ngaba ithetha ntoni le nto?”

13Abanye baphoxisa ngabo, bathi: “À, suka! Banxilile!”

Intetho kaPetros ngomhla wePentekoste

14Waphakama uPetros, wabhekisa ebantwini, ethetha egameni labafundi abalishumi elinambini, wathi: “Mawethu, maJuda, nani nonke bemi baseJerusalem, phulaphulani nibeke iindlebe, nantsi indawo emaniyiqonde:

15La madoda akanxilanga njengoko niba kunjalo nina, kuba kusekusasa ngentlazane,

16koko le nto yenzekayo yileya yaxelwa ngumshumayeli uJoweli esithi:

17“ ‘Yiyo le into endiya kuyenza ngemihla yokugqibela;’ utsho uThixo: ‘Ndiya kugalela uMoya wam kulo lonke uluntu, oonyana neentombi zenu zishumayele, abafana babone imibono, amaxhego aphuphe amaphupha.

18Ewe, nezicaka nezicakazana zam ndiya kuzigalela ngoMoya wam ngaloo mihla, zize zishumayele.

19Ndiya kwenza imiqondiso esibhakabhakeni phezulu, nezimanga emhlabeni phantsi. Kuya kubakho igazi nomlilo nentshinyela yomsi.

20Ilanga liya kujika libe bubumnyama, inyanga ibe bomvu njengegazi, phambi kokufika kwaloo mhla mkhulu udumileyo weNkosi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

21Kananjalo nabani na othe wabiza igama leNkosi uya kusindiswa.’

22“MaSirayeli, phulaphulani la mazwi: UYesu waseNazarete yindoda eyâlathwa nguThixo, yaza yabonakaliswa ngemisebenzi yamandla nemimangaliso nangemiqondiso awayenzayo uThixo ngayo. Nani ngokwenu niyayazi loo nto, kuba yenzeka phakathi kwenu apha.

23Lo Yesu ke, wanikelwa kuni ngokuthanda nangokwazi kukaThixo, nambulala ngokumnikela ukuba abethelelwe emnqamlezweni ngabantu abangawukhathalelanga umthetho wethu.

24UThixo ke yena wamvusa, wamkhulula kwiintlungu zokufa, kuba ukufa kwakungenawo amandla okumbophelela.

25Kaloku uDavide uthi ngaye: “ ‘Ndasoloko ndiyibona iNkosi iphambi kwam ngamaxesha onke. Yintonga yam yasekhosi iNkosi, ngoko andiyi kuchukunyiswa nto.

26Kungoko yagcobayo intliziyo yam, ndathetha ndinemivuyo. Ngaphezu koko ndiya kuhlala ndinethemba lokuba andiyi kufa,

27kuba akuyi kuwuyeka kwelabafileyo umphefumlo wam, ungayi kusiyeka sibole isicaka sakho esikholekileyo.

28Undazisile iindlela zobomi; ndaye ndiya kuzala luvuyo ngenxa yobukho bakho.’

29“Mawethu, mandithethe ngokucacileyo kuni ngokhokho wethu uDavide. Yena wafa, waza wangcwatywa; yaye nengcwaba lakhe lilapha unanamhlanje.

30Njengokuba wayengumshumayeli, wayesazi isithembiso sokuba uThixo wafunga ukuba omnye kubazukulwana bakhe uya kuba ngukumkani njengaye.

31Walubona ke kwangaphambili uvuko lukaKrestu, wathetha ngalo, exela ukuba akayi kuyekwa kwelabafileyo, futhi engayi kubola.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

32UThixo ke wamvusa ekufeni lo Yesu; saye ke thina sonke singamangqina aloo nto.

33Njengoko anyuselwe ewongeni kuThixo, wamkele uMoya oyiNgcwele, lowo wathenjiswayo nguYise. Le nto ke niyibonayo niyivayo ngoku kukugalelwa kwaloo Moya kuthi.

34Kaloku uDavide akanyukelanga ezulwini yena ngokwakhe, koko uthi: “ ‘INkosi yathi eNkosini yam: Hlala ngakum kweli wonga

35lo gama ndikoyisela iintshaba zakho.’

36“Ngenxa yoko qinisekani, mzi kaSirayeli, ukuba lo Yesu enambethelela emnqamlezweni, uThixo ummisele wayiNkosi ekwanguKrestu.”

37Yabahlabanisela kakhulu intetho kaPetros abantu, bakuba beyivile; baza bathi kuPetros nabathunywa ababenaye: “Kufuneka senze ntoni, mawethu?”

38Wathi uPetros kubo: “Guqukani ezonweni zenu nonke ngabanye, nibhaptizwe egameni likaYesu Krestu, ukuze nixolelwe izono zenu, nize namkele isipho soMoya oyiNgcwele.

39Kuba isithembiso esenziwa nguThixo senzelwa nina nabantwana benu, kwanâbo bakude, bebonke abo iNkosi uThixo wethu ibabizayo.”

40Wathetha wophela ke uPetros ebaluleka esithi: “Zahlukaniseni naba bantu bakhohlakeleyo, khon' ukuze ningehlelwa sisohlwayo sabo.”

41Abantu abaninzi balwamkela olu daba, baza babhaptizwa. Baba ngamawaka amathathu abantu abongezelelwayo enanini labo.

42Babehlangana rhoqo, bedlelana ngokuphulaphula iimfundiso zabathunywa, nangokuqhekeza isonka, nangokuthandaza.

Intlalo yamakholwa okuqala

43Imiqondiso nemimangaliso emininzi awayenza ngabathunywa uThixo yatsho yabakhohla abantu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

44Bonke abakholwayo bahlala bebambene, bedlelana ngezinto abanazo omnye nomnye.

45Babethengisa ngempahla yabo, babelane ngemali leyo ngokweentswelo zomntu ngamnye.

46Imihla ngemihla babehlangana rhoqo endlwini kaThixo, babuye batye kunye emakhaya bechwayitile bebelezelana,

47bembonga uThixo, bamkelekile kubantu bonke. Mihla le uThixo wayelongeza inani labo ngabo basindiswayo.

Umsebenzi Wabathunywa 3

Ukuphiliswa kwesiqhwala

1Ngamhla uthile uPetros noYohane baya endlwini kaThixo ngexesha lomthandazo, ngentsimbi yesithathu emva kwemini.

2Apho esangweni lendlu kaThixo ekwakusithiwa liSango eLihle, kwakukho indoda eyayisisiqhwala kwasekuzalweni kwayo. Yayidla ngokusiwa khona yonke imihla ukuze icele amalizo kwabangenayo.

3Yakubona uPetros noYohane bengena, yacela ukuba bayilize.

4Bayijonga, waza uPetros wathi: “Khangela apha!”

5Yajonga kubo ke ilindele into abaza kuyinika yona.

6Uthe uPetros: “Imali andinayo, kodwa ndiza kukunika into endinayo – egameni likaYesu Krestu waseNazarete, ndithi kuwe: ‘Phakama, uhambe.’ ”

7Akuba etshilo, wayibamba ngesandla sokunene, wayiphakamisa. Ngoko nangoko iinyawo namaqatha ayo omelela.

8Yatsho umtsi, yema ngeenyawo, yahamba-hamba. Yaza yangena nabo endlwini kaThixo, ihamba itsiba-tsiba, ibulela uThixo.

9Bonke abantu ababelapho bayibona ihamba ibulela uThixo.

10Baqonda ukuba ngulaa mngqibi wayedla ngokuhlala eSangweni eLihle lendlu kaThixo, bonke bathi manga yinto eyenzeke kuye.

© 1996 Bible Society of South Africa.

Intetho kaPetros endlwini kaThixo

11Njengoko le ndoda yathi nca kuPetros noYohane, basuka abantu beza
begxalathelana kubo bemangalisiwe evarandeni ekuthiwa yekaSolomon.

12Akubabona abantu, uPetros wabhekisa kubo wathi: “MaSirayeli, kungani
ukuba inimangalise le nto? Khona kutheni ukuba nisijonge ngathi wenziwe
ngamandla ethu nangokwethu ukukholeka kuThixo ukuba ahambe lo mntu?

13UThixo ka-Abraham, kaIsake, kaYakobi, uThixo woobawo bethu, ngesi
senzo usinike iwonga isicaka sakhe uYesu. Nina namnikela namkhanyela
phambi koPilato, nangona yena wayefuna ukumkhulula.

14Namkhanyela umnyulwa olilungisa! Endaweni yakhe nacela uPilato ukuba
anikhululele isihange.

15Nayibulala imbangi yobomi; ke yena uThixo wayivusa ekufeni. Yeyona nto
singqina yona ke leyo.

16Kukuvuma nokuzinikela kwigama likaYesu okuyomelezileyo le ndoda
niyibonayo, niyaziyo. Ligunya legama lakhe elimenze waphila njengokuba
nimbona elapha phambi kwenu nje lo mntu.

17“Ndiyazi ke, mawethu, ukuba nina neenkokheli zenu le nto niyenze kuYesu
ngokungazi.

18Loo nto ngoko uThixo wayazisayo ngabo bonke abashumayeli, yokuba
umelwe kukubandezeleka, uyizalisekisile.

19Guqukani ke ngoko, nibuyele kuThixo, ukuze zicinywe izono zenu;

20nize nifumane amathuba okuhlaziyeka komoya evela eNkosini, nokuze
imthumele uYesu onguKrestu oselenikwe nina.

21Yena uya kuhlala ezulwini kude kufike ixesha lokuhlaziywa kwezinto
zonke, njengoko uThixo wâzisáyo mandulo ngabashumayeli bakhe
abanyuliweyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

22Kaloku uMosis wathi: ‘INkosi uThixo wenu iya kunithumela umshumayeli ophuma kwalapha kumawenu njengam. Maze nimphulaphule kuyo yonke into anixelela yona.

23Nabani na ke ongamphulaphuliyo lo mshumayeli uya kusikwa ebantwini bakaThixo atshatyalaliswe.’

24Abashumayeli bonke ukususela kuSamweli nabo bamlandeláyo, bayixela le mihla sikuyo.

25Nisisizukulwana sabashumayeli, ninenxaxheba kumnqophiso owenziwa nguThixo nooyihlo-mkhulu, xa wathi kuAbraham: ‘Ngesinqe sakho ndiya kubasikelela bonke abantu bomhlaba.’

26UThixo ke esimisele isiCaka sakhe wasithumela kuni kuqala, ukuze anenzele inceba niguquke kwinkohlakalo yenu.”

Umsebenzi Wabathunywa 4

UPetros noYohane phambi kweBhunga

1Kwathi uPetros noYohane besathetha nabo abantu, kwafika ababingeleli nentloko yabalindi bendlu kaThixo kunye nabaSadusi.

2Babekhathazekile kuba aba bathunywa babefundisa abantu ngokuvuka kukaYesu ekufeni, nto leyo yayiqinisekisa ukuba abafileyo baya kuvuka.

3Bababamba ke, babafaka entolongweni, ukuba balinde khona kude kube ngengomso, njengoko imini yayiselisangene.

4Uninzi lwâbo bayivayo imfundiso leyo lwakholwa, laza ke landa inani labo laya kumawaka amahlanu.

5Ngomhla olandelayo iinkokheli zamaJuda, nabadala, nabachazi-mthetho, bahlangana eJerusalem.

6YayingooAnas umbingeleli omkhulu, noKayafa, noYohane, noAlesandire, kwanabanye bendlu yombingeleli omkhulu, ababelapho.

© 1996 Bible Society of South Africa.

7Babamisa phambi kwabo abathunywa, bababuza bathi: “Niyenze kanjani le nto? Gunya lini eli ninalo? Ligama likabani eli nisebenze ngalo?”

8UPetros, ezele nguMoya oyiNgcwele, wabaphendula wathi: “Ziphathamandla nani badala,

9xa namhlanje nisixoxisa ngesenzo esihle sokuphiliswa komntu osisiqhwala,

10nina ninamaSirayeli ewonke yazini le nto ke: Lo mntu umi apha phambi kwenu ephile qete, uphile ngenxa yegunya legama likaYesu Krestu waseNazarete. Lowo nina nambethelela emnqamlezweni; wamvusa ke yena uThixo.

11Lo Yesu ngulowo zithi iziBhalo xa zithetha ngaye: “ ‘Ilitye enalidelayo nina bakhi laba lelona litye lesiseko.’

12“Usindiso lufumaneka ngaye kuphela, kuba akukho wumbi emhlabeni ogama uThixo alinike uluntu, esingasindiswa ngalo.”

13Amalungu eBhunga amangaliswa kukubona ukungafihlisi kukaPetros noYohane, eqonda ukuba bangabantu nje abaqhelekileyo abangenamfundo. Baphawula nokuba babengamahlakani kaYesu.

14Kodwa babengenandlela yokuphikisana nabo, kuba indoda le yayiphilisiwe yayimi apho kunye noPetros noYohane.

15Babakhuphela ngaphandle kwendlu leyo yeBhunga, basala bona bexoxa bodwa.

16Babuzana besithi: “Singawathini la madoda? Wonke ubani apha eJerusalem uyazi ukuba lo mqondiso ungaqhelekanga wenziwe ngawo, sibe ke thina singenako ukuyiphika le nto.

17Ukuze ke inganwenwi le nto phakathi kwabantu, masibalumkise bangaze bathethe nakubani ngegama likaYesu.”

18Babangenisa kwakhona, baza babayala ukuba ze bangaphindi bathethe okanye bafundise ngegama likaYesu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19UPetros noYohane bona baphendula bathi: “Zahluleleni nina ngokwenu
ukuba kulunge kuphi na phambi koThixo; kukho ukwenza intando yenu,
kukho nokwenza intando kaThixo.

20Thina asinakuyeka ukuthetha ngento esiyibone sayiva ngokwethu.”

21IBhunga labatyityimbisela umnwe, laza labakhulula. Alibanga nakroba
lakubohlwaya, ngenxa yokoyika abantu, kuba babedumisa uThixo ngesi
senzo.

22Kaloku le ndoda yaphiliswa ngalo mmangaliso yayingaphezu kwamashumi
amane eminyaka ubudala.

Amakholwa athandazela ukomelezwa

23Bakuba bekhululwe uPetros noYohane babuyela kubahlobo babo,
bababalisela okwathethwa kubo ngababingeleli abaziintloko bekunye
nabadala.

24Bevile ke, bonke bathandaza ngamxhelo mnye, besithi: “Nkosi, Mdali
wezulu nomhlaba nolwandle nazo zonke izinto ezilapho,

25uDavide, isicaka sakho, ukhokho wethu, eqhutywa nguMoya oyiNgcwele
wathi: “ ‘Kungani na iintlanga zisenza imbudumbudu nje? Kungani na ukuba
abantu benze amayelenqe azé nje?

26Iikumkani neziphathamandla zelizwe zahlangana, zavukela iNkosi noKrestu
wayo!’

27“Kuba ngenene uHerode noPilato bahlangana kwesi sixeko kunye
neentlanga, namaSirayeli, ngaye uYesu isiCaka sakho osinyulileyo,
uMthanjiswa wakho.

28Bahlangana ukuze bakwenze konke owawuselukumisele ngegunya
nentando yakho ukuba kuya kwenzeka.

29Kalokunje, Nkosi, zigqale izoyikiso zabo; thina zicaka zakho usenze
siluthethe udaba lwakho ngesibindi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

30Philisa ngesandla sakho, unike amandla okuba imimangaliso nemiqondiso
yenzeke ngegunya legama lesiCaka sakho osinyulileyo uYesu.”

31Bakuba begqibile ukuthandaza, indawo ababehlangene kuyo yazanya-
zanyiswa. Bonke bazaliswa nguMoya oyiNgcwele, baza baluthetha udaba
lukaThixo benobuganga.

Ukubonelelana kwamakholwa

32Ewonke amakholwa ayevana entliziyo-nye. Akukho bani wayekubanga oko
anako, kuba babesabelana ngezinto zonke abanazo.

33 Abathunywa babezingisa ukungqina ngovuko lweNkosi uYesu, waza
uThixo wabasikelela xa bebonke.

34Kwakungekho bani usweleyo phakathi kwabo. Ababenemihlaba nezindlu
babethengisa ngazo, baze imali leyo bayifumeneyo

35beze nayo, bayinike abathunywa, ize yabelwe ulowo nalowo
ngokweentswelo zakhe.

36UJosefu, umLevi onkaba iseSipro, owathiywa ngabathunywa bathi
nguBarnabha, uMthuthuzeli,

37wathengisa umhlaba wakhe, waza wayizisa imali leyo kubathunywa.

Umsebenzi Wabathunywa 5

UHananiya noSafira

1Ke kaloku kwakukho nendoda egama linguHananiya, umfazi wayo yena
enguSafira. Bathengisa umhlaba wabo,

2baza inxalenye yemali leyo bayifumeneyo bayigcina, eseleyo ke bayizisa
kubathunywa.

3UPetros wabuza wathi: “Hananiya, kutheni ukuba umyeke uSathana alawule
intliziyo yakho, akwenze uxokise uMoya oyiNgcwele ngokugcina inxalenye
yemali oyifumeneyo ngomhlaba wakho?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Umhlaba wakho ubungowakho phambi kokuba uwuthengise, nemali yawo
ibiyeyakho emveni kokuba uwuthengisile. Kungani ke ukuba ufike kwisigqibo
sokwenza into enje? Awuxokisanga mntu, uxokise uThixo.”

5Akuweva loo mazwi uHananiya wawa phantsi, wafa; baza bonke abayivayo
loo nto bankwantya luloyiko.

6Bafika abafana, bawuthatha bawuthandela umzimba wakhe, baya
kumngcwaba.

7Emva kweeyure ezintathu, yafika inkosikazi kaHananiya ingekayiva loo nto
ihlileyo.

8Wabhekisa kuyo uPetros esithi: “Khawutsho, ingaba le yimali epheleleyo
eniyizuze ngokuthengisa umhlaba wenu nomyeni wakho?” Yaphendula yathi:
“Ewe, iphelele.”

9Wayibuza wathi uPetros: “Kungani ukuba wena nendoda yakho nidibane
ngokuvavanya uMoya weNkosi? Uyabona ke, abafana abavela kungcwaba
indoda yakho nâbo emnyango, nawe lo baza kukuthatha bemke nawe.”

10Ngoko nangoko uSafira wawa ezinyaweni zakhe, wafa. Bangena abafana,
bambona ukuba ufile, bamthatha baya kumngcwaba ecaleni komyeni wakhe.

11Xa lilonke ibandla nabo bonke abayivayo le nto bazaliswa kukunkwantya.

Imiqondiso nemimangaliso

12 Abathunywa benza imiqondiso nemimangaliso emininzi ebantwini. Bonke
abakholwayo babehlangana eVarandeni kaSolomon.

13Abangakholwayo babengazibandakanyi nabo, nakuba kwakuthethwa
kakuhle ngabo.

14Kuyo yonke loo nto kwabakho ihlokondiba lamadoda namakhosikazi
azinikelayo eNkosini, laza longezeka inani labo.

15Baza abagulayo basiwa ezitalatweni, balaliswa ezibhedini nasemakhukweni,
ukuze kuthi xa agqithayo uPetros isithunzi sakhe siwe phezu kwabanye.

© 1996 Bible Society of South Africa.

16Izihlwele zabantu zazisiza, zivela kwiidolophu ezimelene neJerusalem,
zizisa abagulayo nâbo babeneendimoni, baze baphile bonke.

Abathunywa bayatshutshiswa

17Umbingeleli omkhulu nabalingane bakhe, abo beqela labaSadusi,
babamonela abathunywa,

18baza bababamba babafaka entolongweni.

19Kwangobo busuku isithunywa seNkosi sawavula amasango entolongo,
sabakhokelela phandle abathunywa, sathi kubo:

20“Hambani niye endlwini kaThixo, nibafundise yonke into abantu ngale
ntlalo intsha.”

21Bevile ke abathunywa, bathi kwasekuseni bangena endlwini kaThixo,
bafundisa. Umbingeleli omkhulu nabalingane bakhe nabo bonke abadala
bamaJuda, babiza intlanganiso epheleleyo yeBhunga, baza bathumela
entolongweni ukuba abathunywa beziswe phambi kwabo.

22Zifikile izigidimi azibafumananga abathunywa entolongweni; zabuya ke
zeza kuxela entlanganisweni, zathi:

23“Intolongo siyifumene ivalwe ngokuqinileyo, nabalindi bewagcinile
amasango, kodwa sakuwavula amasango, asifumananga mntu ngaphakathi.”

24Kwathi intloko yabalindi bendlu kaThixo nababingeleli abaziintloko
bakuyiva le nto, baxakwa ukuba ngaba kuhle ntoni na kubathunywa.

25Kwafika ndoda ithile eyathi kubo: “Khangelani, amadoda ebeniwafake
entolongweni nangaya efundisa abantu endlwini kaThixo!”

26Yasuka ke intloko yabalindi yahamba nabaphantsi kwayo, babaphuthuma
abathunywa. Babaphatha kakuhle abathunywa, kuba besoyika hleze
baxulutywe ngamatye ngabantu.

27Babazisa phambi kweBhunga abathunywa, waza umbingeleli omkhulu
wabamangalela esithi:

© 1996 Bible Society of South Africa.

28“Saninika imiyalelo engqongqo yokuba ningaphindi nifundise egameni lale
ndoda; kodwa khanikhangele into eniyenzileyo! Imfundiso yenu niyisarhaze
kule Jerusalem iphela; ngoku nifuna ukuxhoma ukufa kwayo phezu kwethu.”

29OoPetros baphendula bathi: “Asinakwenza nto yimbi; sifanele ukuthobela
uThixo endaweni yabantu!

30UThixo woobawo bethu wamvusa uYesu ekufeni, ekubeni nina
nambulalayo ngokumxhoma emnqamlezweni.

31UThixo wammisela ewongeni, wayiNkokheli noMsindisi wokunika
amaSirayeli ithuba lokuguquka, aze axolelwe izono zawo.

32Thina noMoya oyiNgcwele osisipho sikaThixo kwabo bamthobelayo,
singamangqina azo ezi zinto.”

33Akuweva la mazwi amalungu eBhunga avutha ngumsindo kangangokuba
afuna ukuba babulawe abathunywa.

34Kodwa omnye wabo, owayengumFarasi ogama linguGamaliyeli,
owayengumchazi-mthetho ohloniphekileyo kubantu bonke, waphakama
wayalela ukuba abathunywa khe bakhutshelwe phandle.

35Wabhekisa eBhungeni esithi: “MaSirayeli, yilumkeleni into eniyenzayo kula
madoda.

36Ngaphambi koku kukhe kwavela uTuda ezenza uthile obalulekileyo, waza
walandelwa ngamadoda akwisithuba samakhulu amane. Kodwa wafa,
abalandeli bakhe bathi saa, waza naloo mbutho wakhe wafa.

37Emva koko kwavela uJuda umGalili, ngexesha lobalo, naye walandelwa
ngabantu abaninzi, kodwa naye wafa, nabalandeli bakhe basarhaka.

38Ngokunjalo nakwesi isihlandlo musani ukuthatha manyathelo ngakula
madoda. Wayekeni, kuba ukuba lo msebenzi wawo yinto nje yabantu uza
kuphelela esithubeni;

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

39ukanti ukuba yinto evela kuThixo, aninako ukuwutshabalalisa. Endaweni yaloo nto ningazibhaqa nisilwa noThixo.” IBhunga lalandela icebo likaGamaliyeli.

40Baza ke bababiza abathunywa, babayala ukuba bangaze baphinde bathethe ngegama likaYesu. Emva koko ke bakatswa abathunywa, baza bakhululwa.

41Abathunywa balishiya iBhunga elo benemincili, kuba uThixo ebafumanise befanelekile ukuba bahlazeke ngenxa yegama likaYesu.

42Bazingisa ke imihla yonke, endlwini kaThixo nasemakhayeni, ukufundisa nokushumayela iindaba ezimnandi ezingoYesu onguKrestu.

Umsebenzi Wabathunywa 6

Ukumiselwa kwabancedisi

1Kwathi kwakubon' ukuba liyanda inani labalandeli bakaYesu, kwavela ukungevisisani phakathi kwamaJuda athetha isiGrike kwanamaJuda athetha olweenkobe. AmaJuda athetha isiGrike akhalazela ukuba abahlolokazi bawo àbamkeliswa kakuhle kwimali yenkxaso yemihla ngemihla.

2 Abathunywa abalishumi elinambini balihlanganisa ibandla lilonke, bathi kulo: “Asinto intle kuthi ukuba sikuyekelele ukushumayela ilizwi likaThixo ngenxa yokuzixakekisa ngomsebenzi wokwabela abasweleyo.

3Ngoko ke, mawethu, khethani amadoda abe sixhenxe phakathi kwenu, awaziwa ngokuzaliswa nguMoya oyiNgcwele nangobulumko; thina ke siwamisele kulo msebenzi.

4Ngalinye ke, thina siya kuzinikela ngokupheleleyo kumsebenzi wokushumayela nasemithandazweni.”

5Isiphakamiso sabathunywa samkeleka kubo bonke; baza ke banyula aba: uStefano, indoda ezele lukholo nanguMoya oyiNgcwele, noFilipu, noProkuro, noNikano, noTimon, noParmena, kwakunye noNikolawo waseAntiyokwe owayengumngeni-buJudeni.

© 1996 Bible Society of South Africa.

[6]Aba ke banikelwa kubathunywa, baza bona babamisela ngokubathandazela nokubabeka izandla.

[7]Laya lisanda ke ilizwi likaThixo, laza ke nenani labalandeli bakaYesu lakhula kakhulu eJerusalem, kwabakho neqela lababingeleli elazinikelayo eNkosini.

Ukubanjwa kukaStefano

[8]UStefano, indoda eyayisikelelwe nguThixo, izele ngamandla, wênza imiqondiso nemimangaliso phakathi kwabantu.

[9]Aza amadoda athile amchasa. Wona ayedla ngokuhlangana endlwini yesikhungo ekuthiwa yeyamakhoboka akhululekileyo. AyengamaJuda avela eKirene naseAlesandriya. Wona namaJuda aseKiliki nawaseAsiya axambulisana noStefano.

[10]Kodwa uMoya wamnika ubulumko uStefano, ngokokude bangabi nako ukuphikisana naye.

[11]Baza ke bafunza amadoda athile, khon' ukuze athi: “Thina simve ethetha kakubi ngoMosis nangoThixo.”

[12]Ngale ndlela bamenza wavukelwa ngabantu, nangabadala, nangabachazi-mthetho. Bamqubula uStefano, bamthatha bamsa entlanganisweni yeBhunga.

[13]Bezisa namanye amadoda athetha ubuxoki ngaye, athi: “Le ndoda isoloko ithetha ngokuchaseneyo nendlu kaThixo nangomthetho kaMosis.

[14]Kuba samva esithi lo Yesu waseNazarete uya kuyitshabalalisa indlu kaThixo, awatshintshe namasiko esawafumana kuMosis.”

[15]Bonke abo babehleli entlanganisweni bamthi ntsho ngamehlo uStefano, baza babubona ubuso bakhe bunjengobesithunywa sezulu.

Umsebenzi Wabathunywa 7

Intetho kaStefano

[1]Umbingeleli omkhulu wabhekisa kuStefano wathi: “Khanyela watyholwa!”

[2]Waza uStefano wathetha nentlanganiso wenjenje: “Mawethu nani bobawo, khanindiphulaphule. UThixo, eyona ngangalala, wabonakala kukhokho

© 1996 Bible Society of South Africa.

wethu uAbraham ngexesha awayehlala eMesopotami, ngaphambi kokuba aye kuhlala eHaran,

3wathi kuye: ‘Suka, umke apha, uzishiye izizalwana zakho, kunye nelizwe lakowenu, uye kumhlaba endiya kukubonisa wona.’

4Waza ke ngoko wawushiya umhlaba wamaKaledi, waya kuhlala eHaran. Emveni kokufa kukayise, uThixo wathi uAbraham makafudukele kweli lizwe nikulo nani ngoku.

5Ngelo xesha uThixo akamnikanga nendawana le uAbraham kulo mhlaba, ukuba ayime: hayi, nditsho nomhlathana lo womhlaba! Kodwa kananjalo uThixo wamthembisa uAbraham ukuba uya kumnika loo mhlaba, awume yena nezizukulwana zakhe emva kwakhe. Ukusenza kwakhe uThixo esi sithembiso uAbraham wayengekazali mntwana.

6UThixo wathetha ngolu hlobo kuye: ‘Isizukulwana sakho siya kufuduka, siye kuhlala elizweni lasemzini, apho siya kuba ngamakhoboka, sibandezeleke iminyaka engamakhulu amane.

7Kodwa mna ndiya kubagweba abo bantu siphantsi kwabo; kuze kuthi emva kwelo thuba, babuye kwelo lizwe, beze kundikhonza kule ndawo.’

8Waza uThixo wamnika ulwaluko uAbraham ukutywina loo mnqophiso. UAbraham ke wamolùsa uIsake ngosuku lwesibhozo ezelwe, waza ngokukwanjalo uIsake wamolùsa uYakobi, noYakobi wenza kwaloo nto kookhokho abalishumi elinambini.

9“Oobawo bammonela uJosefu, bamthengisa waba likhoboka eJiputa. Kodwa uThixo waba naye,

10wamweza kuzo zonke iinkxwaleko awaba kuzo. Akusiwa phambi kokumkani waseJiputa, uThixo wamenza wathandeka uJosefu, wampha nobulumko. Ukumkani wammisela uJosefu wayirhuluneli yelaseJiputa nekomkhulu lakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11Kwabakho indlala enkulu kulo lonke elaseJiputa nelaseKanana, ababi nakufumana nokutya oku ookhokho, ikati ilele eziko.

12Akuva uYakobi ukuba eJiputa kukho ukudla, wabathumela okokuqala oonyana bakhe; ngookhokho kuthi ke abo.

13Kutyelelo lwabo lwesibini uJosefu wazazisa kubantakwabo, waza wamxelela ukumkani ngamawabo lawo.

14UJosefu wamema uyise uYakobi ukuba aye kuhlala eJiputa nomzi wakhe wonke. Babengamashumi asixhenxe anesihlanu bebonke.

15Wehla ke uYakobi, waya eJiputa, apho yena nookhokho bethu bafela khona.

16Imizimba yabo yasiwa eShekem, apho yangcwatywa kwingcwaba elathengwa nguAbraham koonyana bakaHamori.

17“Ekusondeleni kwexesha lokuba uThixo asizalisekise isithembiso awasenza kuAbraham, abantu bakuthi ababeseJiputa babesebande kakhulu.

18Ekuhambeni kwethuba kwavela kumkani wumbi, owayengamazi uJosefu, wangumlawuli weJiputa.

19Wabenzela ubutshijolo abantu bakowethu, wabakhohlakalela ookhokho bethu, ebanyanzela ukuba babalahle abantwana babo, ukuze babe sesichengeni sokufa.

20Wazalwa ngeli xesha ke uMosis engumntwana omhle kakhulu. Wakhuliselwa ekhayeni lakhe iinyanga ezintathu;

21waza wathi naye akulahlwa, wacholwa yintombi yokumkani waseJiputa, yazikhulisela yena.

22Wabufunda bonke ubulumko bamaJiputa, waza waba yingcaphephe ekuthetheni nasekwenzeni.

23“Akuba neminyaka engamashumi amane uMosis, watyelela amawabo amaSirayeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

24Wabona uwabo edlakathiswa ngumJiputa, waza wamnceda, waphindezela
ngokumbulala umJiputa lowo.

25Wayecinga ukuba amawabo oqonda ukuba uThixo ufuna ukusebenzisa yena
ekuwakhululeni, kodwa akazange aqonde.

26Ngenye imini wagagana namaSirayeli amabini esilwa, waza wazama
ukuwohlula, esithi kuwo: 'Khangelani, madoda, niyazalana; kungani ukuba
nilwe ke?'

27Kodwa lo wayevuyelela omnye, watyhalela uMosis bucala, wabuza wathi:
'Ngubani okwenze induna nomgwebi phezu kwethu?

28Nam ufuna ukundibulala njengalaa mJiputa umbuleleyo izolo? '

29Akuyiva le ntetho uMosis, wabaleka, waya kuhlala kumhlaba waseMidiyan.
Apho wazala oonyana ababini.

30"Emva kwamashumi amane eminyaka, kwabonakala isithunywa seNkosi
kuMosis sisemalangatyeni etyholo elivuthayo entlango ngakwintaba yeSinayi.

31Lo mbono wammangalisa uMosis, wasondela etyholweni apho ukuba
aliqwalasele. Suka weva ilizwi leNkosi lisithi:

32'Mna ndinguThixo wookhokho bakho, uThixo ka-Abraham, kaIsake,
noYakobi.' UMosis wankwantya kukoyika, akabi saba nako ukulikhangela.

33INkosi yathi kuye: 'Khulula iimbadada ezo, kuba indawo le umi kuyo
ingcwele.

34Ndiyibonile ingcinezelo nentlupheko yabantu bam eJiputa; ndisivile
isikhalo sabo; ke ngoku ndize kubahlangula. Yiza ke, ndikuthume eJiputa.'

35"Lo ngulaa Mosis ambukulayo amaSirayeli esithi: 'Ngubani okwenze induna
nomgwebi phezu kwethu?' Kanti ke lo Mosis unguyena mntu uThixo
amthume ukuba abe ngumlawuli nomsindisi, esebenzisa isithunywa sezulu
eso uMosis wasibona etyholweni elivuthayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

36Wabakhokela ke abantu ukuphuma eJiputa, wenza imiqondiso nemimangaliso, eJiputa nakuLwandle oluBomvu, kananjalo nasentlango, iminyaka emashumi mane.

37Nguloo Mosis wathi kumaSirayeli: ‘UThixo uya kunithumela umshumayeli ophuma kwalapha kumawenu njengam.’

38Nguye lowa wayekunye nebandla likaSirayeli entlango. Wayekhona apho nookhokho bethu, ekwakunye nesithunywa sezulu esasithetha naye entabeni yeSinayi. Wamkela kuThixo imiyalelo ephilileyo ukuba ayidlulisele kuthi.

39“Kananjalo ookhokho bethu bala ukumthobela, bambukula, besithi kubhetele baphindele kwaseJiputa.

40Kungoko bathi kuAron: ‘Senzele oothixo bokusikhokela, kuba asiyazi into emngeneyo laa Mosis wasikhupha eJiputa.’

41Kungeli thuba ke apho baziqingqela umfanekiso wethole, baza balenzela umbingelelo, benza netheko lokuzivuyisa ngenxa yaloo nto yayenziwe zizandla zabo.

42Ngenxa yaloo nto uThixo wabafulathela, wabayeka ukuba banqule iinkwenkwezi zezulu, njengoko kubhaliweyo encwadini yabashumayeli kwathiwa: “ ‘MaSirayeli, yayingendim enanimxhelela, nimenzela amadini, iminyaka emashumi mane entlango.

43 Yayisisibingelo sesithixo uMoleki enanisiphethe, nomfanekiso wenkwenkwezi yesithixo uRefani. Zizithixo enazenzayo, khon' ukuze nizinqule. Ngoku ke ndiya kunigxothela ngaphaya kweBhabheli.’

44“Ookhokho bethu bona babenaso entlango isibingelelo esingqina ubukho bukaThixo. Sasakhiwe ngokomfanekiselo lowo uThixo wawubonisa uMosis.

45Emva koko ookhokho bethu abasamkelayo isibingelelo kooyise, bahamba naso, kwada kwaza kuthi gaa ngexesha likaYoshuwa, xeshikweni bawuthathayo umhlaba wezizwe abazigxothelwa nguThixo. Sahlala ke isibingelelo eso kwada kwayimihla kaDavide.

© 1996 Bible Society of South Africa.

46Yena wathandeka kuThixo, waza wacela ukuba uThixo amvumele akhele
inzala kaYakobi indlu yokunqula.

47Kodwa yona indlu leyo yakhiwa nguSolomon.

48“Phofu yena uThixo uPhezukonke akahlali zindlwini zakhiwe ngabantu;
njengoko atshoyo umshumayeli:

49“ ‘Izulu likomkhulu lam,’ itsho iNkosi: ‘Umhlaba wona ngamathânga am.
Ndluni eningaze nindakhele yona? Iphi yona indawo endingaphumla kuyo?

50Ezi zinto azenziwanga ndim zonke na?’

51“Bantundini baneenkani, abantliziyo ziqaqadekileyo, hayi ubuthulu benu
emyalelweni kaThixo! Nifuz' ooyihlo! Nani nasoloko nimgiba uMoya
oyiNgcwele!

52Nguwuphi umshumayeli abangamtshutshisanga ooyihlo? Bazibulala
izigidimi zikaThixo, ezathi kwangaphambili zakuvakalisa ukuza kwalowo
uliLungisa. Kungokunje nimngcatshile namgebenga.

53Umthetho kaThixo owaziswa zizithunywa zezulu, wamkelwa nini kanye –
kodwa anikawuthobeli unangoku!”

Ukuxulutywa kukaStefano

54Athi amalungu eBhunga akuziva ezi zinto zithethwa nguStefano, acaphuka
kangangokuba ade abe ngathi osuka amthi qwenge-qwenge.

55Kodwa uStefano yena ezele nguMoya oyiNgcwele, wakhangela ezulwini,
waza wabubona ubuqaqawuli bukaThixo, noYesu emi ewongeni ngakuThixo.

56Waqhuba wathi: “Khawukhangele! Amazulu ndiwabona evulekile, noNyana
woLuntu emile ngasekunene kukaThixo!”

57Kwesi sithuba basuka bazivingca iindlebe zabo, bahlahlamba kwathi nkxwe,
baza basuka indulumbane phezu kwakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

58Bamkhuphela ngaphandle kwedolophu, bamxuluba ngamatye. Abamangaleli bakaStefano bazigcinisa iimpahla zabo kumfana ogama linguSawule.

59Bemxuluba njalo ngamatye, uStefano yena wakhala eNkosini esithi: “Nkosi Yesu, wamkele umoya wam!”

60Waguqa ngamadolo, wadanduluka wathi: “Nkosi, musa ukubabeka tyala ngesi sono!” Akukhov' ukutsho, wafa ke.

Umsebenzi Wabathunywa 8

1Naye uSawule wabuthakazelela obu bugebenga.

USawule utshutshisa ibandla

Kwangaloo mhla kwaqaleka intshutshiso enkulu ebandleni laseJerusalem. Ngaphandle kwabathunywa, basarhazeka bonke abakholwayo, kuwo onke amaphondo elakwaJuda naseSamariya.

2Amadoda athile anenzondelelo amngcwaba uStefano enesingqala esikhulu.

3Kwangelo lixa uSawule yena wazama ukulitshabalalisa ibandla, engena kwiminyango ngeminyango, ebarhuqa abakholwayo, amadoda kwanabafazi, ebavalela entolongweni.

Iindaba ezimnandi zishunyayelwa eSamariya

4Abakholwayo ababethe saa, bahamba bezishumayela iindaba ezimnandi kulo lonke.

5UFilipu yena waya kwidolophana yaseSamariya, wamshumayela uKrestu kubantu ababelapho,

6baza bamphulaphula ngomdla omkhulu bemxhelo mnye. Bathi bemphulaphula, baba beyibona nemiqondiso awayeyenza.

7Iindimoni zazikhutshwa ebantwini, zisitsho ngesikhalo esikhulu. Abafe umzimba neziqhwala babephiliswa.

8Ezi zinto zatsho abantu baloo dolophu banovuyo olukhulu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

9Kuloo dolophu kwakukho indoda egama linguSimon, owayesenethuba elide esenza izimanga phakathi kwamaSamariya ngemilingo yakhe. Wayezenza uthile obalulekileyo.

10Zaye iindidi zonke zabantu kuloo dolophu zimhlonela. Babesithi unamandla obuthixo, bembiza ngokuthi nguMandla-makhulu.

11Babemhlonele kuba wayesebamangalise ixesha elide ngemilingo yakhe.

12Kodwa bathi bakukholwa yintshumayelo kaFilipu yeendaba ezimnandi ezingolawulo lukaThixo oluthwasileyo negama likaYesu Krestu, kwabhaptizwa amadoda kwanamakhosikazi.

13NoSimon wakholwa, waza akuba ebhaptiziwe akahlukana noFilipu, ekhwankqiswa yimimangaliso nemiqondiso awayeyenza uFilipu.

14Bathi bakuva abathunywa eJerusalem ukuba abantu baseSamariya balamkele ilizwi likaThixo, bathumela uPetros noYohane khona.

15Bakufika khona babathandazela abakholwayo ukuba bamkele uMoya oyiNgcwele,

16kuba wayengekabafikeli uMoya oyiNgcwele; nto nje babebhaptizelwe egameni leNkosi uYesu.

17Aba bantu bamamkela uMoya oyiNgcwele, bakuba ooPetros noYohane bebabeke izandla.

18USimon akubona ukuba bamkele uMoya oyiNgcwele, bakubekwa izandla ngabathunywa, wafuna ukubanika imali ooPetros noYohane,

19esithi: “Nam ndipheni la mandla; khon' ukuze nabani na endimbeke izandla afumane uMoya oyiNgcwele.”

20Waphendula wathi uPetros: “Hamb' uye kufa kunye naloo mali yakho, kuba ucinga ukuba isipho sesisa sikaThixo singathengwa ngemali!

21Akunanxaxheba kulo msebenzi wethu, kuba iingcinga zakho azilunganga phambi koThixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22Guquka kule nkohlakalo yakho, uthandaze ukuba uThixo akuxolele ngale
nto inje,
23kuba ndiyabona ukuba unekratshi elilizothe, waye ulikhoboka lokungcola.”
24Uthe ke uSimon kooPetros noYohane: “Ndincedeni, zinkosi,
nindithandazele eNkosini ukuze zingandihleli zonke ezi zinto nizithethileyo.”
25Emveni kokuba benike ubungqina beluthetha udaba lweNkosi kwabo bantu,
uPetros noYohane bagoduka, baya eJerusalem. Endleleni yabo egodukayo
bazishumayela iindaba ezimnandi kwiilali ezininzi zaseSamariya.

UFilipu nonondyebo waseTopiya

26Ke kaloku kwathetha isithunywa seNkosi noFilipu, sathi: “Zilungiselele uhle
ngendlela esentlango esuka eJerusalem iye eGaza.”
27-28Waxhabasha ke waya uFilipu. Endleleni apho wadibana nendoda
elithenwa. Lo mfo wayengunondyebo wokumkanikazi uKhandase
waseTopiya. Wayegoduka ngenqwelo, evela kunqula uThixo eJerusalem.
Enqwelweni apho wayehamba efunda incwadi yomshumayeli uIsaya.
29Wathi uMoya oyiNgcwele kuFilipu: “Yiya kulaa nqwelo, uhambe nayo.”
30UFilipu wakhawuleza waya kuyo, waza wamva unondyebo lowo efunda
encwadini yomshumayeli uIsaya, wambuza wathi: “Uyayilandela na le nto
uyifundayo?”
31Waphendula wathi: “Ndingathini ukuyilandela kungekho bani
undichazelayo?” Watsho wacela uFilipu ukuba akhwele enqwelweni ahambe
naye.
32Nasi isicatshulwa seziBhalo awayesifunda: “Wafana negusha eya kuxhelwa,
wafana netakane elithe cwaka lichetywa, naye wathula wathi tu.
33Ekuthotyweni kwakhe akabanga namhlanguli; akukho bani uya kuchaza
ngesizukulwana sakhe, kuba ubomi bakhe emhlabeni bunqanyulwe.”
34Unondyebo wabuza kuFilipu wathi: “Khawundixelele, uthetha ngabani apha
umshumayeli? Ngaba uthetha yena siqu, okanye uthetha ngomnye umntu?”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

35UFilipu wamchazela, eqalela kanye kule ndawo eziBhalweni, wamtyhilela
iindaba ezimnandi ezingoYesu.

36Ekuhambeni kwabo bada bafika ndaweni ithile inamanzi, laza lathi
ithenwa: “Nanga amanzi, kungani ukuba ndingàbhaptizwa?”

[37Waphendula wathi uFilipu: “Ungábhaptizwa ukuba uyakholwa ngentliziyo
yakho yonke.” Lathi ke lona: “Ndiyakholwa ukuba uYesu Krestu nguNyana
kaThixo.”]

38UmTopiya lowo wathi makumiswe, waza yena noFilipu bangena emanzini,
uFilipu wambhaptiza.

39Bakuphuma emanzini apho, uMoya weNkosi wamthatha wemka naye
uFilipu. UmTopiya lowo akabanga sambona uFilipu, kodwa wayihamba
indlela yakhe leyo ezele luvuyo.

40UFilipu wazifumana eseAshdode, waza wazihamba zonke ezo dolophu
eshumayela iindaba ezimnandi, wada waya kufika eKhesariya.

Umsebenzi Wabathunywa 9

Ukuguquka kukaSawule

(Mseb 22:6-16; 26:12-18)

1Ngalo lonke eli thuba uSawule yena wayefutha izisongelo zokwenzakalisa
abalandeli beNkosi. Waya kumbingeleli omkhulu, wacela ukuba amnike
iincwadi zeziqinisekiso,

2ukuze aye ezindlwini zesikhungo zamaJuda eDamasko, abe nako ukuthi xa
ebafumana abalandeli bale Ndlela yeNkosi, abakhonkxe, amadoda kunye
nabafazi, eze nabo eJerusalem.

3Endleleni yakhe eya eDamasko, xa asondelayo apho edolophini, ngequbuliso
wabona ukukhanya esibhakabhakeni, okwasuka kwambanekela ngeenxa
zonke.

4Watsho wawa phantsi, waza weva ilizwi limbiza lisithi kuye: “Sawule,
Sawule, unditshutshiselani na?”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5Yena wabuza wathi: “Wena ungubani, Nkosi?” Ilizwi elo laphendula lathi: “Mna ndinguYesu, lowo umtshutshisayo wena.

6Phakama, uhambe ungene apha edolophini; uya kuyixelelwa khona into omawuyenze.”

7Ngeli xesha amadoda awayehamba noSawule ayemile, ethe cwaka, eliva lona ilizwi elo lalithetha, kodwa engaboni mntu.

8USawule waphakama, wakhangela ngamehlo, kodwa akabi nako ukubona nento le. Ngoko ke abo babehamba naye bamrhola ngesandla, bangena naye eDamasko.

9Waba ntsuku-ntathu eyimfama, engatyi, engaseli.

10EDamasko apho kwakukho umlandeli kaYesu ogama linguHananiya. INkosi yathetha naye embonweni, yambiza yathi: “Hananiya!” Yena wasabela wathi: “Ndilapha, Nkosi.”

11Yathi iNkosi kuye: “Khawuleza, uye esitalatweni ekuthiwa sesithe ngqo, uze ufune indlu kaJuda, apho kuyo ukhangele indoda yaseTarso egama linguSawule. Iyathandaza khona,

12futhi embonweni wayo ibone indoda egama linguHananiya, ingena ibeka izandla phezu kwayo, ukuze iphinde ibe nokubona.”

13Waphendula wathi uHananiya: “Nkosi, baninzi abantu abandixeleleyo ngale ndoda, nangezinto ezilumezayo ezenzileyo ebantwini bakho eJerusalem.

14Nangoku ilapha eDamasko nje, inamagunya ewathathe kubabingeleli abaziintloko, ukuze ikhonkxe bonke abakunqulayo.”

15Yaza yathi iNkosi kuye: “Hamba uye kuyo, kuba mna ndiyikhethile ukuba indisebenzele, yazise igama lam kwiintlanga nakookumkani nakulo usapho lukaSirayeli.

16Ndaye mna ngokwam ndiya kuyibonisa ubunzima efanele ukubuva ngenxa yam.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Wahamba ke uHananiya, wangena endlwini leyo ebeyixelelwe, wambeka
izandla uSawule, esithi: “Sawule, mfondini, iNkosi indithumile, uYesu
ngokwakhe, lo umbonileyo endleleni, xa ubusiza apha. Indithumele ukuze
wena uphinde ufumane ukubona, uzaliswe nanguMoya oyiNgcwele.”

18Ngoko nangoko kwaba ngathi amehlo kaSawule ongulwe, waza waphinda
wanako ukubona. Wathi akuvuka wabhaptizwa.

19Emveni kokuba etyile, wabuya wangumqabaqaba.

USawule ushumayela eDamasko

USawule wahlala iintsukwana nabalandeli bakaYesu eDamasko.

20Zisukanje waya ezindlwini zesikhungo zamaJuda, wafika washumayela
ngoYesu, esithi unguNyana kaThixo.

21Bonke ababemva, babemangaliswa, bebuza besithi: “Ngaba le ndoda asiyiyo
na leya yayibatshutshisa eJerusalem bonke abathetha ngeli gama? Kanene,
andithi nangoku ilapha nje, izele ukuze ibambe abantu, ibase kubabingeleli
abaziintloko?”

22Kodwa intshumayelo kaSawule yaya ikhula emandleni, neengxoxo zakhe
ezibonisa ukuba uYesu unguKrestu, zabetha asikwa imilomo amaJuda
aseDamasko.

23Kwakuba kudlule iintsuku ezininzi amaJuda ahlanganisana, afutha
amacebo okumbulala uSawule;

24kodwa eli yelenqe waliva uSawule. Imini nobusuku babemlinda
emasangweni edolophu, khon' ukuze bambulale.

25Ngabusuku buthile abalandeli bakaYesu bamthatha uSawule, bamthoba
ngengobozi eludongeni.

USawule eJerusalem

26USawule waya eJerusalem, wazama ukuzibandakanya nabalandeli
bakaYesu. Kodwa bonke babemoyika, bengakholwa ukuba naye
ungumlandeli kaYesu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

27Wada wancedwa nguBharnabha owamthathayo, wamsa kubathunywa, wabachazela indlela awabonana ngayo neNkosi, nento eyathethwayo yiNkosi kuye. Wababalisela nangokulishumayela kukaSawule ngesibindi igama likaYesu eDamasko.

28Waza ke uSawule wahlala apho eJerusalem, ejikeleza elishumayela ngesibindi igama leNkosi.

29Ngokunjalo wathetha, waxoxa nawo namaJuda athetha isiGrike, kodwa asuka afuna ukumbulala.

30Athi amakholwa akuyiqonda le nto, amthatha uSawule, amsa eKhesariya, aza amthumela eTarso.

31Ke kaloku ibandla kulo lonke elakwaJuda naseGalili naseSamariya lazola, kungekho ntshutshiso. Laba nenkqubela, lakhula nangamanani, limhlonela uThixo, likhuthazwa nguMoya oyiNgcwele.

Ukuphiliswa kukaEneya

32Njengoko uPetros wayeyihamba yonke loo ngingqi, ngathuba lithile watyelela abantu bakaThixo eLida.

33Apho wahlangana nendoda egama linguEneya. Yayife icala, futhi ineminyaka esibhozo yalalayo.

34Wathi uPetros kuyo: “Eneya, uYesu Krestu uyakuphilisa. Phakama, wendlule umandlalo wakho.” Ngakonje ukuba atsho, wavuka uEneya.

35Bathi bakumbona, bonke abantu ababehlala eLida nakwintili yaseSharon bazinikela eNkosini.

Ukuvuswa kukaTabhita

36EJopa kwakukho umlandeli kaYesu ogama linguTabhita, oko kukuthi uBhadikazi. Lonke ixesha lakhe wayelichithela ekwenzeni okulungileyo, enezinwe, ebanceda abahlelelekileyo.

37Ngeli xesha wagula, wasweleka. Bawuhlamba umzimba wakhe, bawubeka egumbini elikumgangatho ophezulu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

38Njengoko iJopa yayingekude eLida, beva abalandeli bakaYesu ukuba uPetros useLida, baza bathumela amadoda amabini nomyalezo wokuba uPetros makancede afike ngokukhawuleza.

39Akalibazisanga uPetros; wahamba nawo kwangoko. Akufika khona, wasiwa egumbini elo liphezulu, waphahlwa libubu labahlolokazi ababelila, bembonisa iingubo kwaneempahla awayezenza uBhadikazi esaphilile.

40UPetros wabakhuphela phandle bonke, waza waguqa wathandaza. Wathi kamva waguqukela kuso isidumbu, wathi: “Tabhita, vuka!” Wajonga, waza akubona uPetros, wavuka.

41Wasondela kuye uPetros, wamncedisa, waphakama. Wawabiza ke uPetros amakholwa kunye nabahlolokazi abo, wamnikela kubo ephilile.

42Ezi ndaba zafikelela kuyo yonke iJopa, baza abantu abaninzi bazinikela eNkosini.

43UPetros waba neentsuku ezininzi ehleli apho eJopa kunye nendoda egama linguSimon, umsuki weemfele.

Umsebenzi Wabathunywa 10

UPetros noKorneli

1EKhesariya kwakukho umphathi-butho wamajoni aseRoma ogama linguKorneli. Umkhosi wakhe kwakusithiwa ngowaseItali.

2Yena nosapho lwakhe babengabantu abamnqulayo bemhlonela uThixo. Wayengumntu onezinwe, ewanceda amaJuda ahlelelekileyo, ethandaza rhoqo kuThixo.

3Ngenye injika-langa kwisithuba sentsimbi yesithathu, waba nombono, wasibona ngokucacileyo isithunywa sikaThixo singena sisithi kuye: “Korneli!”

4Wasiqwalasela enoloyiko, wathi: “Yintoni, Nkosi?” Saphendula sathi: “UThixo uyamkele imithandazo nemisebenzi yakho yesisa; akazange wakulibala.

5Ngoku ke thuma amadoda eJopa, kumntu othile ogama linguSimon Petros,

© 1996 Bible Society of South Africa.

6olundwendwe lukaSimon umsuki weemfele, ondlu ingaselwandle.”

7Sakumka isithunywa eso, uKorneli wabiza izicaka zakhe ezibini, kunye nejoni elalimhlonela uThixo, elalingumlindi wakhe.

8Wabachazela konke okwakumhlele, waza wabathuma eJopa.

9Ngomhla olandelayo, xa babesendleleni, besondela eJopa, uPetros uthe emini emaqanda waya kuthandaza phezu kwendlu kwindawo esabuvaranda.

10Wasuka walamba, wafuna into etyiwayo, kwathi besamlungiselela ukutya wabona umbono.

11Wabona izulu livulekile, kusihla into engathi lilaphu elikhulu libanjwe ngamasondo omane, lisiza emhlabeni.

12Kulo kwakukho zonke iintlobo zezidalwa ezingatyiwayo ezizitho zine, ezirhubuluzayo, nezibhabhayo.

13Weva ilizwi lisithi kuye: “Vuka, xhela utye, Petros.”

14Waphendula wathi: “Nkosi, ngunotshe lowo! Mna andizange ndiyitye into engatyiwayo.”

15Laphinda ilizwi elo lavakala kuye lisithi: “Musa ukuthi ayityiwa into athi uThixo iyatyiwa.”

16Le nto yenzeka kwada kwakathathu, laza ke ilaphu elo lanyuselwa ezulwini.

17Ngoku asamangalisiweyo yena uPetros ukuba ngaba yintoni na intsingiselo yalo mbono, wona amadoda athunywe nguKorneli ayesede awufumana umkhondo wendlu kaSimon, selemi esangweni.

18Abuzisa ukuba ngaba akukho mhambi ugama linguSimon Petros na apho.

19UPetros yena wayesajika-jikana nalo mbono ukuva kwakhe uMoya oyiNgcwele esithi: “Phulaphula, nango amadoda amathathu ekufuna.

20Phakama uye kuwo la madoda, ungathandabuzi, uhambe nawo, kuba athunywe ndim.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21Waya kuwo uPetros, wafika wathi: “Ndim lo nimfunayo. Ngaba nindifuna
ngani?”

22Wona aphendula athi: “Sithunywa yiNkosi yethu uKorneli, oyindoda
elungileyo emhlonelayo uThixo, ehlonitshwayo nangamaJuda. Uxelelwe
sisithunywa sikaThixo ukuba makakubize uye endlwini yakhe, ukuze eve loo
nto uya kumxelela yona.”

23Wangena nabo endlwini uPetros, baza balalisa apho ngaloo mini. Ngosuku
olulandelayo wahamba nawo la madoda kunye namanye amakholwa
aseJopa.

24Ngengomso wagaleleka eKhesariya, apho wafika elindelwe nguKorneli
nezizalwana nezihlobo zakhe ezisenyongweni.

25Xa angenayo uPetros, uKorneli wazikhahlela phambi kwakhe,

26kodwa uPetros wamphakamisa wathi: “Hayi, ndingumntu nje nam; musa
ukwenjenjalo.”

27UPetros wayethetha noKorneli ekungeneni kwakhe endlwini, apho wafika
kubuthelene abantu abaninzi.

28Uthe kubo uPetros: “Nina ngokwenu nazi kakuhle ukuba umJuda
akavumelekile ngokwenkolo yakowabo ukuba andwendwele nokuba abe
nento yokwenza neentlanga. Selendibonisile ke kodwa uThixo ukuba
mandingathathi bani njengongahlambulukanga.

29Yiyo loo nto uthe wakundibiza andala. Khawundixelele ke, undibizele
ntoni?”

30Uthe ukuphendula uKorneli: “Ngoku kusemva kweentsuku ezine oko
ndandithandaza endlwini yam, malunga neli lixa ngentsimbi yesithathu emva
kwemini, kwathi gqi umfo onxibe ezibengezelayo, wema phambi kwam,

31wathi kum: ‘Korneli, uThixo uyamkele imithandazo yakho, wayikhumbula
nemisebenzi yakho yesisa.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

32Ngoko ke thuma umntu eJopa, aye kubiza umntu ogama linguSimon Petros.
Ulundwendwe lukaSimon umsuki weemfele, ondlu ingaselwandle.’

33Ndithumele kwangoko kuwe, nawe ke ulungisile ukuza. Thina sonke
sihlangene apha ngenjongo yokudibana noThixo, silindele ukuphulaphula
yonke into iNkosi ekuyalele ukuba usixelele yona.”

Intetho kaPetros kwaKorneli

34UPetros wathetha wenjenje: “Ngenene ndiyaqonda ngoku ukuba uThixo
akamkhethi wabuso bamntu.

35Nabani na, nokuba ngowaluphi na uhlanga, ukuba uyamhlonela uThixo,
esenza okulungileyo, wamkelekile kuye.

36Niyalwazi udaba awaluthumela kumaSirayeli, evakalisa iindaba ezimnandi
zoxolo ngoYesu Krestu, oyiNkosi yabantu bonke.

37Niyasazi isiganeko esenzekayo kulo lonke elakwaJuda, ukuqalela eGalili,
emva kokushumayela kukaYohane ngobhaptizo.

38Nivile ngoYesu waseNazarete owathanjiswa nguThixo ngoMoya oyiNgcwele
waba namandla. Wayehamba kulo lonke, esenza okulungileyo, ebaphilisa
bonke ababephantsi kwamandla omtyholi, kuba uThixo wayenaye.

39Thina singamangqina ako konke awakwenzayo eJerusalem
nakwelamaJuda. Bambulala ngokumbethelela emnqamlezweni,

40waza uThixo wamvusa ekufeni ngosuku lwesithathu.

41Akazange wabonakala kubantu bonke, koko wabonakala kuthi mangqina
awawakhetha kwangaphambili uThixo, thina sasisitya sisela kunye naye
emveni kokuba uThixo emvusile ekufeni.

42Wasigunyazisa ukuba sishumayele ebantwini, singqine ukuba ungulowo
uThixo amnyulele ukuba ngumgwebi wabahleliyo nabafileyo.

43Bâthetha ngaye bonke abashumayeli besithi wonke umntu ozinikelayo kuye
uxolelwa izono zakhe ngamandla egama lakhe.”

Iintlanga zamkela uMoya oyiNgcwele

© 1996 Bible Society of South Africa.

44Esathethanje uPetros, wehla uMoya oyiNgcwele phezu kwabo bonke abo
babephulaphule.

45AmaJuda akholwayo, lawo ayesuke noPetros eJopa, amangaliswa kukuba
uThixo ezinike isipho soMoya oyiNgcwele neentlanga,

46kuba baziva zithetha ngalwimi zimbi, zidumisa uThixo. UPetros wathetha
wathi:

47“Aba bantu bamkele uMoya oyiNgcwele njengoko samamkelayo nathi.
Ngenene ke akukho namnye umntu ongalayo ukuba aba bantu babhaptizwe
ngamanzi.”

48UPetros ke ngoko wathi mababhaptizwe egameni likaYesu Krestu. Ke yena
bamcela ukuba akhe ahlale nabo iintsukwana.

Umsebenzi Wabathunywa 11

Ingxelo kaPetros ebandleni laseJerusalem

1 Abathunywa namakholwa akulo lonke elakwaJuda, eva ukuba iintlanga
nazo zilamkele ilizwi likaThixo.

2Akubuyela eJerusalem uPetros, amaJuda angamakholwa amgxeka esithi:

3“Wena ubulundwendwe lwabantu abangolukiyo ngokwesiko likaMosis,
usitya nokutya nabo.”

4Ke yena uPetros wabanika inkcazelo ezeleyo, esusela ekuqaleni kwento
eyehlayo. Wathi:

5“Ndathi ndiseJopa, ndithandaza ndabona umbono. Ndabona kusihla into
engathi lilaphu elikhulu, lithotywa ngamasondo omane ezulwini, yaza kuthi
ngxingxilili ngakum.

6Ndaqwalasela ngaphakathi kuyo, ndabona izilo nezilwanyana, iinyoka
neentaka zasendle.

7Ndeva ilizwi lisithi kum: ‘Vuka, xhela utye, Petros.’

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Kodwa mna ndithe: ‘Nkosi, unotshe! Andizanga ndikufake kowam umlomo
ukutya okungatyiwayo.’

9Kwakho lathi ilizwi elo: ‘Musa ukuthi ayityiwa nayiphi na into uThixo athi
iyatyiwa.’

10Le nto yenzeka kwada kwakathathu, kwathi ekugqibeleni labuyiselwa
kwasezulwini elo laphu.

11Ngaloo mzuzu kanye, nako kufika kuloo mzi ndandihlala kuwo, amadoda
amathathu awayethunywe kum, evela eKhesariya.

12UMoya oyiNgcwele wathi mandihambe nawo loo madoda, ndingathingazi.
Naloo makholwa mathandathu aseJopa aya kunye nam eKhesariya, safikela
kwaKorneli sisonke.

13UKorneli wasixelela ngombono wakhe, apho isithunywa sezulu safika sathi
kuye makathumele umntu eJopa, aye kubiza umfo ogama linguSimon Petros,

14sisithi nguye oya kubazisa indlela abaya kusindiswa ngayo yena nosapho
lwakhe.

15Ndithe ke ndakushumayela wehla kwangoko uMoya oyiNgcwele phezu
kwabo, njengoko wehlayo nakuthi kuqala.

16Ndatsho ndacinga ngamazwi âthethwa yiNkosi xa yayisithi: ‘UYohane
wayebabhaptiza ngamanzi abantu; ke nina niza kubhaptizwa ngoMoya
oyiNgcwele.’

17Kucace gcaa ukuba uThixo ezaa ntlanga uzinike kanye esiya sipho wasinika
sona thina siyamkeleyo iNkosi uYesu Krestu. Bendingubani na ke mna ukuba
ndingáde ndime phambi kwentando kaThixo?”

18Yabanelisa le ngxelo, baza bamdumisa uThixo, ngokuba kuthe kanti
neentlanga ezi uThixo uyazinika ithuba lokuguquka, ukuze zidle ubomi.

Ibandla eAntiyokwe

© 1996 Bible Society of South Africa.

19Abakholwayo basarhazwa yintshutshiso yethuba lokufa kukaStefano. Abanye baphaphatheka, baya kutsho eFenike, eSipro, naseAntiyokwe. Babeluvakalisa udaba lweNkosi kumaJuda kuphela.

20Kodwa abanye bamakholwa, amadoda aphuma eSipro naseKirene, aya eAntiyokwe, aluvakalisa udaba nakwiintlanga ezintetho isisiGrike, ezishumayeza iindaba ezimnandi ezingeNkosi uYesu.

21Amandla eNkosi ayewafukamele loo madoda, laza iqela elikhulu labantu lazinikela eNkosini.

22Le nto yenzekileyo ngabo yaya kuvakala nakwibandla laseJerusalem, laza lathumela uBharnabha eAntiyokwe.

23Akuba efikile khona, wabubona ububele bukaThixo ebantwini; waza wavuya wabalúleka bonke ukuba bathembeke, banyaniseke eNkosini ngeentliziyo zabo zonke.

24UBharnabha wayeyindoda elungileyo, ezele nguMoya oyiNgcwele nalukholo. Abantu abaninzi bazinikela eNkosini,

25waza ke ngoko uBharnabha waya kukhangela uSawule eTarso.

26Akumfumana, waya naye eAntiyokwe. Yaba ngunyaka wonke aba babini behlala phakathi kwebandla elo, baza baqeqesha iqela elikhulu. Kwakulapha eAntiyokwe apho abalandeli bakaYesu baqala ukubizwa ngokuba ngamaKrestu.

27Ngelo xesha kwesuka abashumayeli abathile eJerusalem baya eAntiyokwe.

28Omnye wabo ogama linguAgabho, ezele nguMoya oyiNgcwele, wayixela kwangaphambili indlala eyayiza kubakho kuwo wonke umhlaba. Yona ke yafika ngexesha likaKhesare Klawudiyo.

29AmaKrestu agqiba ekubeni ulowo nalowo kuwo makaqwebele inkxaso yamakholwa akwelakwaJuda kangangoko anako.

30Le nto ke bayenza, baza ke imali leyo bayithumela kubadala bebandla ngoBharnabha noSawule.

© 1996 Bible Society of South Africa.

Umsebenzi Wabathunywa 12

Ukubulawa kukaYakobi nokubanjwa kukaPetros

1Ngeli thuba naye ukumkani uHerode wabatshutshisa abathile balo ibandla.

2Wambulala ngekrele uYakobi umntakwabo-Yohane.

3Uthe akuqonda ukuba esi senzo siwakholisile amaJuda, waqhubela phambili ngokuvalela uPetros. Le nto yenzeka ngexesha leSidlo seZonka ezingenaGwele.

4Akuba ebanjiwe uPetros, wavalelwa entolongweni. Wanikelwa ukuba alindwe ngamajoni angamaqela amane angamane. UHerode wayezimisele ukumsa ematyaleni emva kwePasika.

5Waza ke uPetros wagcinwa entolongweni apho, kodwa amaKrestu wona azingisa ukumthandazela kuThixo, lo gama avalelweyo.

Ukukhululwa kukaPetros

6Ke kaloku uPetros wayelele phakathi kwabalindi ababini, ebotshelelwe kubo ngamatyathanga, kukho nabagadi abalinde isango lentolongo, ngobusuku obuphambi komhla awayeza kusiwa ngawo ematyaleni nguHerode.

7Ngebhaqo kwabonakala isithunywa seNkosi simi bhuxe apho egumbini lentolongo, kwatsho kwasemini kukukhanya. Samshukumisa uPetros, samvusa sisithi: “Khawuleza, vuka!” Ukubanje sitsho, athi xibilili amatyathanga ezandleni.

8Saqhuba sathi: “Bhinqa, unxibe iimbadada zakho.” Wenjenjalo ke uPetros, saza saphinda isithunywa eso sathi: “Yambatha, undilandele.”

9Wasilandela ke uPetros, baphuma entolongweni. Wayengekaqondi ukuba iyinene le nto yenziwa sisithunywa seNkosi; wayeba uyaphupha.

10Babagqitha abalindi bokuqala nabesibini, baza ekugqibeleni bafika kwisango lentsimbi elivulela edolophini. Lavuleka ngokwalo isango, baphuma ke. Bathi besehla ngesitalato sesuka see shwaka isithunywa eso.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Akuqabuka ebuthongweni uPetros wathi: “Ngoku ndiyazi ukuba ngenene le
nto yinyaniso! INkosi isithumele isithunywa sayo, sandihlangula egunyeni
likaHerode, nakuzo zonke izinto amaJuda ebenqwenela ukuzenza kum.”

12Akuyiqonda le nto yenzekileyo uPetros waya emzini kaMariya, unina
kaYohane Marko. Kwakukho abantu abaninzi apho, bethandaza.

13Wankqonkqoza emnyango, kwaza kwaya intombazana egama linguRoda,

14eyathi yakuliva ilizwi likaPetros, yasuka yajika ngenxa yovuyo
ingamvulelanga, yaya kuxela ukuba nguPetros lo unkqonkqozayo.

15“Unantoni na? Uyageza!” bamphikisa batsho abo babesendlwini. Kodwa
yena wema ekubeni le nto iyinyaniso. Bathi ke bona: “Hayi ke, fan' ukuba
sisithunywa sakhe.”

16UPetros yena waphikelela enkqonkqoza, bada ngelikade bamvulela,
bamangaliswa kakhulu bakuqonda ukuba kuthe kanti nguPetros ngenkqu lo.

17Wawangawangisa ngesandla ukuba bathi cwaka, waza ke wabachazela
indlela emkhuphe ngayo iNkosi entolongweni. Wabayaleza ukuba baye
kuxela le nto kuYakobi nakwamanye amakholwa, waza yena wemka waya
kwenye indawo.

18Ngengomso yaba sisiphithi-phithi kubalindi bentolongo besithi: “Yaz' ukuba
uphi na uPetros?”

19UHerode wathi mabamfune, kodwa abazange bamfumane. Ngoko ke
abalindi bancinwa, waza uHerode wagunyazisa ukuba babulawe. Emva kwesi
singaneko ke, uHerode wemka kwaJuda, waya kuhlala eKhesariya
okwexeshana.

Ukufa kukaHerode

20UHerode wayengavisisani mpela nabantu baseTire nabaseSidon. Kwakuba
njalo bavumelana ngokuthumela igqiza labameli. Lona laqala lavana
noBlasto, induna yasebhotwe, laza langena ngaye ukudala imvisiswano.

© 1996 Bible Society of South Africa.

Babecela uxolo kuba ilizwe labo lalixhomekeke kummandla kaHerode ekufumaneni ukudla.

21Ngosuku olumisiweyo uHerode wavatha ezobukumkani, waza wahlala esihlalweni sakhe apho ebhotwe, wathetha nabantu.

22“Asimntu, nguThixo lowo uthethayo,” bamemeza batsho abantu.

23Ngakonje ukuba batsho abantu, isithunywa seNkosi sambetha ngesifo uHerode, ngokuba engamnikanga mbeko uThixo. Wadliwa ziimpethu, wada wafa.

24Laqhubela phambili ilizwi likaThixo ukunwenwa.

Ukuthunywa kukaBharnabha noSawule

25UBharnabha noSawule bawugqiba umsebenzi wabo, baza babuya eJerusalem, behamba noYohane Marko.

Umsebenzi Wabathunywa 13

1Ke kaloku ebandleni laseAntiyokwe kwakukho abashumayeli nabefundisi: uBharnabha, uSimon ekwakusithiwa nguMnyamana, uLukiyo waseKirene, uManayen owayekhuliswe noHerode irhuluneli, kunye noSawule.

2Ekuyikhonzeni kwabo iNkosi, bezila ukutya, uMoya oyiNgcwele wathi kubo: “Ndikhetheleni uBharnabha noSawule, ukuze benze umsebenzi endibabizele wona.”

3Ngoko ke bazila ukutya bathandaza, bababeka izandla, baza babandulula.

UBharnabha noSawule eSipro

4Bakuba bethunywe nguMoya oyiNgcwele, uBharnabha noSawule behla baya eSeluki, baza ukusuka apho bahamba ngolwandle ukuya eSipro.

5Bathi bakufika eSalamisi, balishumayela khona ilizwi likaThixo ezindlwini zesikhungo zamaJuda. Babehamba noYohane Marko, khon' ukuze abancedise emsebenzini.

6Basijikeleza ke isiqithi eso, bada bafika ePafo. Apho badibana nomfo onemilingo ogama linguBhar-yesu, umJuda owayezenza umshumayeli.

© 1996 Bible Society of South Africa.

7Wayeliphakathi lerhuluneli yesiqithi eso, uSergiyo Pawulos, owayeyindoda
enengqondo ekrele-krele. Irhuluneli leyo yababiza ooBharnabha noSawule,
ifuna ukuphulaphula ilizwi likaThixo.

8Kodwa lo mfo unemilingo, owayebizwa ngokuba nguElima ngesiGrike,
wachasana nabo, nerhuluneli leyo wafuna ukuyiwexula elukholweni.

9Waza ke ngoko uSawule, ogama limbi linguPawulos, ezaliswe nguMoya
oyiNgcwele, wamjonga lo mfo,

10wathi: “Nyanandini kamtyholi, lutshabandini lobulungisa, uzele
ngamaqhinga nobuqhetseba, usoloko uzama ukugqwetha inyaniso yeNkosi
ngobuxoki!

11Khona ngoku iNkosi iza kukubetha, ube yimfama, futhi kuya kuba mzuzu
ungakuboni ukukhanya.” Ngoko nangoko aba nkungu amehlo kaElima,
wabuva ubumnyama buwavala, wajikeleza ke empampatha, efuna umntu
ongamrhuqayo.

12Ke kaloku yona irhuluneli yakuyibona loo nto, yazinikela, imangalisiwe
yimfundiso emayela neNkosi.

UPawulos noBharnabha eAntiyokwe yasePisidi

13UPawulos nababemphahlile bemka ePafo, bahamba ngenqanawe, baya
kufika ePerga yasePamfili. Apha ke wahlukana nabo uYohane Marko,
wabuyela eJerusalem.

14Abanye bona banduluka ePerga, babheka eAntiyokwe yasePisidi. Bathi
apho ngoMhla wokuPhumla baya kwindlu yesikhungo, bafika bahlala
phantsi.

15Kwathi zakuba zifundiwe izicatshulwa encwadini yomthetho kaMosis
nezabashumayeli, amagosa endlu yesikhungo athumela ebacela esithi:
“Mawethu, khanisiphe kowenu umphako welizwi, ukwenzela ukukhuthaza
abantu.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

16Waphakama uPawulos, wawangawangisa ngesandla, ukuba kuthi cwaka,
waza wenjenje ukuthetha: “Mawethu, maSirayeli, nani nina zintlanga
zimhlonelayo uThixo, khanibeke iindlebe!

17UThixo lo unqulwa ngamaSirayeli nguye owanyula ookhokho bethu,
wawenza amaSirayeli asisizwe esikhulu ngexesha ayengabaphambukeli
kwelaseJiputa. Nguye owawakhupha ngamandla angummangaliso
amaSirayeli eJiputa.

18Wawanyamezela iminyaka emashumi mane entlango.

19Ikwanguye owazitshabalalisayo izizwe ezisixhenxe eKanana, waza loo
mhlaba wawunika abantu bakhe amaSirayeli.

20Yonke loo nto yathatha isithuba esingangeminyaka engamakhulu amane
anamashumi amahlanu. “Emva koko wabanika iinkokheli, zabalawula kwada
kwalixesha lomshumayeli uSamweli.

21Bakufuna ukumkani, wabanika uSawule unyana kaKishe, wesizwe
sakwaBhenjamin, waza wabalawula iminyaka engamashumi amane.

22Akumsusa uSawule, uThixo wamisela uDavide wangukumkani. Nanga
amazwi athethwa nguThixo ngoDavide: ‘Ndiphawule ukuba uDavide, unyana
kaJese, ngulo mntu kanye ndimfunayo, umfo oya kwenza oko sukuba ndifuna
kwenziwe.’

23NguYesu lo mzukulwana kaDavide wenziwe uMsindisi wamaSirayeli
nguThixo njengoko wathembisayo.

24Ngaphambi kokufika kukaYesu, uYohane wawashumayeza onke
amaSirayeli, esithi makaziguqule iindlela zawo aze abhaptizwe.

25Ekuwusongeni kwakhe uYohane umsebenzi wakhe, wathi ebantwini: ‘Nithi
ndingubani? Andinguye lowo nicinga ukuba ndigunye. Khangelani yena uza
emva kwam, ndaye mna andikufanele nokukhulula iimbadada ezi ezinyaweni
zakhe.’

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

26“Mawethu, nzala ka-Abraham, nani nonke zintlanga zimhlonelayo uThixo,
olu daba losindiso lwathunyelwa kuthi.

27Kaloku abantu baseJerusalem, bekunye neenkokheli zabo, babengamazi,
bengawaqondi namazwi abashumayeli bamandulo afundwayo ngayo yonke
iMihla yokuPhumla. Kodwa bâwazalisekisa amazwi abo bashumayeli
ngokumgweba uYesu.

28Nangona babengasifumani isizathu sokuba agwetyelwe ukufa, bacela
uPilato ukuba ambulale.

29Emveni kokuzenza zonke izinto ezithethwa ziziBhalo ngaye, bamothula
emnqamlezweni, bamngcwaba.

30Kodwa uThixo yena wamvusa ekufeni,

31waza kwithuba leentsuku ezininzi wabonwa ngâbo wayejikeleza nabo
ukusuka eGalili baye eJerusalem. Ngoku bangamangqina akhe kumaSirayeli.

32Thina silapha nje, sizise iindaba ezimnandi kuni. Loo nto uThixo
wayithembisa ookhokho bethu,

33uyenzele thina bayinzala yabo, ngokumvusa uYesu. Kunjengoko
kubhaliweyo eNdumisweni yesibini, kwathiwa: “ ‘Ungunyana wam wena;
namhlanje ndikuzele.’

34“UThixo wamvusa ekufeni. Ke ngoko akasayi kuze abole. Le nto uyithethe
ngala mazwi athi: “ ‘Ndiya kuninika iintsikelelo ezizodwa eziqinisekileyo,
endazithembisa uDavide.’

35“Kwakhona uthi kwenye indawo: “ ‘Akuyi kusiyeka isicaka sakho
esithembekileyo sibole.’

36“Kuba kaloku ngexesha lakhe uDavide wayifeza injongo kaThixo, waza
wafa emva koko, wangcwatywa ngakookhokho bakhe, wabola.

37Kodwa uYesu, evusiwe nje nguThixo, khange abole.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

38-39Yazini niqiniseke xa ninonke, mawethu, ukuba kungoYesu ukushunyayelwa kodaba lokuxolelwa kwezono. Ngokunjalo qondani ukuba wonke umntu ozinikelayo kuye uyakhululwa kuzo zonke izono, obungenako ukumkhulula kuzo umthetho kaMosis.

40Lumkani ke ngoko, hleze ihle kuni into eyathethwa ngabashumayeli, besithi:

41“ ‘Khangelani, nina bagxeki, nimangaliswe nife; kuba umsebenzi endiwenza ngemihla yenu yinto eningayi kukholwa yiyo nokuba ubani uthe wanichazela.’ ”

42Xa bayishiyayo intlanganiso ooPawulos noBharnabha, abantu babamema ukuba ze beze kwakhona ngoMhla wokuPhumla olandelayo, ukuze baphinde babafundise.

43Emveni kokuphuma kwentlanganiso, uPawulos noBharnabha balandelwa sisihlwele samaJuda neentlanga eziguqukele ebuJudeni, baza basikhuthaza ukuba sibambelele ngenyameko kuThixo onesisa.

44NgoMhla woPhumlo olandelayo phantse wonke umntu osedolophini weza kuphulaphula ilizwi leNkosi.

45Akuyibona le nkitha yabantu, amaJuda azala ngumona, amphikisa amnyelisa uPawulos.

46Kodwa bona ooPawulos noBharnabha bawaxelela phandle amaJuda bathi: “Kakade bekufuneka lishunyayezwe nina kuqala ilizwi likaThixo; koko ngenxa yokuba nilibukula, niziqonda ukuba anibulungelanga ubomi obungonaphakade, siza kuniyeka, siye ezintlangeni.

47Thina kaloku sanikwa lo myalelo yiNkosi: “ ‘Ndikumisele ukuba ube sisibane sokukhanyisela iintlanga, ube yindlela yokusindiswa kwalo lonke elimiweyo.’ ”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

48Zavuya iintlanga zakukuva oku, zayidumisa iNkosi ngenxa yodaba lwayo.
Abo ke babenyulelwe ukungena ebomini obungonaphakade, baguquka
bangamakholwa.

49Ilizwi leNkosi lanwenwa kuwo wonke loo mmandla.

50Kodwa amaJuda adala uchuku, enza abathunywa bavukelwa ngamadoda
aloo dolophu aphambili kwanangabafazi abakumgangatho ophezulu
entlalweni, ababemhlonela uThixo. Babatshutshisa babagxotha kuloo
mmandla.

51Abathunywa bavuthulula uthuli ezinyaweni, bekhalala, bemka baya
eIkoniyo.

52Basala abalandeli bakaYesu eAntiyokwe bezele luvuyo nanguMoya
oyiNgcwele.

Umsebenzi Wabathunywa 14

UPawulos noBharnabha eIkoniyo

1NaseIkoniyo yaba sesezolo: uPawulos noBharnabha baya endlwini
yesikhungo baza bathetha kangangokuba iqela elikhulu lamaJuda neentlanga
lazinikela.

2Kodwa amaJuda angakholwayo azixhokonxa iintlanga, azifaka umoya ombi
ngakumakholwa.

3 Abathunywa bahlala apho ixesha elide. Bathetha ngesibindi ngeNkosi,
iNkosi ibanika amandla okwenza imiqondiso nemimangaliso, ingqina
inyaniso yodaba lwabo ngesisa sayo.

4Inkoliso yabantu edolophini apho yathi qheke kubini: abanye baba
ngakumaJuda, abanye baba ngakubathunywa.

5Zaza iintlanga namaJuda ndawonye neenkokheli zazimisela ukubaphatha
kakubi abathunywa, zibaxulube ngamatye.

6Bathe bakuyiqonda le nto abathunywa, basaba baya eLikawoni, kwiidolophu
zaseListra naseDerbhe nemimandla ejikelezileyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Baza bazishumayela khona iindaba ezimnandi.

UPawulos noBharnabha eListra

8Apho eListra kwakukho indoda eyazalwa isisiqhwala, ingazange yaba nako ukuhamba.

9Yawaphulaphula ngomdla amazwi kaPawulos. UPawulos wayithi ntshoo ngamehlo, waqonda ukuba inokholo olungayiphilisayo,

10wadanduluka wathi: “Suk' ume ngeenyawo.” Indoda leyo yatsiba yema, yahamba-hamba.

11Zithe izihlwele zakuyibona le nto yenziwe nguPawulos, zakhwaza ngesiLikawoni zisithi: “Oothixo beze kuthi befana nabantu!”

12UBharnabha bamthiya bathi nguZeyus, uPawulos bathi nguHermes ngenxa yokuba yena wayesisithethi.

13Ke kaloku kwakukho indlu yokunqulela uZeyus ngaphandle nje kwedolophu. Waza umbingeleli kaZeyus weza neenkunzi zeenkomo neentyatyambo esangweni ledolophu. Yena nesihlwele eso babefuna ukwenzela abathunywa idini.

14Bathe abathunywa ooBharnabha noPawulos bakuyiva le nto iqhubekayo, bazikrazula iimpahla zabo, babaleka baya kuso isihlwele, bekhwaza besithi:

15“Madoda, yintoni le niyenzayo? Nathi singabantu; sifana nani! Size apha ukuze sivakalise iindaba ezimnandi, ukuze niguquke nijike kwezi zinto ziphuthileyo, nize kuThixo, owenza izulu, nomhlaba, nolwandle, nezinto ezilapho kuzo.

16Mandulo uThixo wabayeka abantu, benza ukuthanda kwabo;

17kodwa wasoloko ezibonakalisa ubukho bakhe ngezinto ezintle azenzayo. Usipha imvula nezilimo ngamaxesha afanelekileyo; usipha nokudla, iintliziyo zethu azizalise ngovuyo.”

18Naxa sebethethe kangako abathunywa, phantse bangabi nako ukusijika isihlwele ekubeni sibenzele idini.

© 1996 Bible Society of South Africa.

19Kwafika iqela lamaJuda evela eAntiyokwe yasePisidi naseIkoniyo. Ekubeni ezifake umoya ombi izihlwele, ukuba zithathe icala lawo, bamxuluba ngamatye uPawulos, bamrhuqela ngaphandle kwedolophu, beba ufile.

20Kodwa akungqongwa ngamakholwa, wavuka, wabuyela kwasedolophini. Ngengomso wemka kunye noBharnabha, baya eDerbhe.

UPawulos noBharnabha babuyela eAntiyokwe yaseSiriya

21UPawulos noBharnabha bazishumayela iindaba ezimnandi naseDerbhe, bafumana inkitha eyaba ngabalandeli bakaYesu. Baza ke babuyela eListra, baya eIkoniyo ukusuka apho, baya naseAntiyokwe yasePisidi.

22Bawomeleza amakholwa, bewakhuthaza ukuba ahlale ehleli elukholweni enyanisekile, besithi ukufundisa: “Simelwe kukuthwala ubunzima thina singene phantsi kolawulo lukaThixo.”

23Kwibandla ngalinye batyumba abadala, babanikela ngemithandazo nangozilo-kutya eNkosini ababethembele kuyo.

24Emveni kokutyhutyha ummandla wasePisidi, bafika ePamfili.

25Bashumayela udaba ePerga, baza badlulela eAtaliya.

26Basuka apho ngesikhephe babuyela eAntiyokwe yaseSiriya, apho babenikelwe elugcinweni naselubabalweni lukaThixo ukuya kwenza kwabo lo msebenzi bawufezileyo ngoku.

27Bakufika eAntiyokwe, balihlanganisela ndawonye ibandla, babalisa ngezinto uThixo awazenza ngabo, bexela nokuba nabaziintlanga uThixo ubavulele indlela yokukholwa.

28Bahlala ke apho kunye namakholwa ithuba elide.

Umsebenzi Wabathunywa 15

Intlanganiso yaseJerusalem

1Amadoda athile asuka eJerusalem, aya eAntiyokwe afundisa amakholwa esithi akanako ukusindiswa ngaphandle kokuba olùswe ngokomthetho kaMosis.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2UPawulos noBharnabha baba nengxoxo eshushu nabo ngalo mbandela,
kwaza kwagqitywa ukuba uPawulos noBharnabha kunye nabanye
baseAntiyokwe baye eJerusalem, bayokuva le ngxaki kubathunywa
nakubadala.

3Ke kaloku lakuba libandulule ibandla, bacanda kwelaseFenike
nelaseSamariya, behamba bebalisa ngokuguquka kweentlanga; iindaba ke ezo
ezawavuyisa kakhulu amakholwa.

4Befikile ke eJerusalem, bamkelwa libandla, abathunywa, nabadala, baza ke
benza ingxelo kubo ngendlela awayebasebenzise ngayo uThixo.

5Kodwa amakholwa athile awayekade engaweqela labaFarasi, athi wona
amakholwa aphuma ezintlangeni makoluswe awuthobele umthetho kaMosis.

6Abathunywa nabadala benza intlanganiso, baphicotha lo mbandela.

7Emva kwengxoxo ende, waphakama uPetros, wathi: “Mawethu, niyazi ukuba
kwixesha elidlulileyo uThixo wandonyula phakathi kwenu ukuba iintlanga
zizive ngam iindaba ezimnandi, zize ziguquke.

8UThixo ozaziyo iintliziyo zabantu, wabonakalisa ukuzamkela iintlanga
ngokuzinika uMoya oyiNgcwele njengoko wasinikayo nathi.

9Akabonakalisanga mahluko phakathi kwazo nathi; nazo wazihlambulula
iintliziyo zakuba zizinikele kuye.

10Ngoku ke nimlingela ntoni uThixo ngokuthwalisa amakholwa umthwalo
abangazange babe nako ukuwuthwala ookhokho bethu, nathi ngokwethu
esingenako ukuwuthwala?

11Hayi bo! Sikholwa kukuba thina sisindiswa ngesisa seNkosi uYesu
kwanjengazo.”

12Kwakuthe cwaka ngexesha uBharnabha noPawulos besenza ingxelo
ngemimangaliso nemiqondiso ayenzileyo uThixo ngabo phakathi
kweentlanga.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Emva kwentetho yabo kwathetha uYakobi, wathi: “Ndiphulaphuleni, mawethu!

14USimon unichazele indlela uThixo abonakalise ngayo ukuzikhathalela kwakhe iintlanga ngokukhetha phakathi kwazo abantu abangabakhe.

15Amazwi abashumayeli ayavumelana nesi senzo, kuba zithi iziBhalo:

16“ ‘Emva koku ndiya kubuya,’ itsho iNkosi, ‘ndiwuvuse umzi kaDavide ongamanxiwa, ndiwulungise apho wonakele khona, ume kakuhle.

17Bothi ke bayifune iNkosi bonke abantu, zonke izizwe endizibizileyo zaba zezam,’ itsho iNkosi, yona ikwenzileyo oku.

18“Kakade ke iyaziwa le nto.

19Ke ngoko mna ndithi masingazixhamli iintlanga eziguqukayo,

20koko masizibhalele incwadi sizixelele ukuba mazingatyi naluphi na uhlobo lokutya okungahlambulukanga ngenxa yokubingelelwa kwizithixo, zizigcine nyulu ekurheletyeni, zingatyi nasiphi na isilo esikrwitshiweyo, nanyama inegazi.

21Sekukudala kakade ufundwa umthetho kaMosis, kushunyayelwa amazwi akhe ngayo yonke iMihla yokuPhumla ezindlwini zesikhungo kwiidolophu ngeedolophu.”

Isigqibo sentlanganiso

22 Abathunywa nabadala, kunye nebandla lonke, bafika kwisigqibo sokuba kukhethwe amadoda phakathi kwabo, athunywe eAntiyokwe kunye noPawulos noBharnabha. Banyulwa ke ooJudas ogama limbi linguBharsabha kunye noSilas, ingamadoda awayebekwe kakhulu ngamakholwa.

23Banikwa incwadi ukuba bahambe nayo. Ke yona yayibhalwe ngolu hlobo: “Thina bathunywa sikunye nabadala siyanibulisa njengamawethu xa ninonke, nina zizwe zaseAntiyokwe eSiriya naseKiliki.

24Sivile ukuba kubekho madoda athile aphuma apha kuthi aza kunixhamla, eniphazamisa ngento esingawathumanga yona, ayithethileyo kuni.

© 1996 Bible Society of South Africa.

25Sihlangene ke, savumelana sonke ukuba sinyule izigidimi sizithume kuni,
zihambe kunye nabahlobo bethu abaziintanda, uBharnabha noPawulos,

26amadoda ancame ubomi bawo ngenxa yokukhonza uKrestu.

27Ke ngoko sinithumela uJudas noSilas abaya kunichazela ngokwabo ezi zinto
kanye sizibhalileyo.

28Thina samkele isigqibo soMoya oyiNgcwele sokuba singanithwalisi bunzima
bumbi ngaphandle kwale migaqo ibalulekileyo:

29Musani ukuyityа into ebingelelwe kwizithixo, nenyama enegazi, nesilo
esikrwitshiweyo; nizigcine nyulu ekurheletyeni. Niya kuba niyakholisa xa
nizilumlayo kwezo zinto. Salani kakuhle."

30Izigidimi ezo zandululwa, zasinga eAntiyokwe, apho zafika zawahlanganisa
amakholwa, zawanika incwadi leyo.

31Bathi abantu bakuyifunda incwadi leyo, bavuya kakhulu ziindaba zayo
zenkuthazo.

32UJudas noSilas, ababengabashumayeli ngokwabo, bathetha ixesha elide
namakholwa, bewakhuthaza, bewomeleza.

33Emva kwexesha belapho bakhululwa ngoxolo ngamakholwa, baza
bagoduka.

[34Kodwa uSilas yena wabona ukuba makasale khona.]

35UPawulos noBharnabha bona bakhe banexesha belapho eAntiyokwe.
Bekunye nabanye balifundisa, balishumayela, ilizwi leNkosi.

UPawulos noBharnabha bayahlukana

36Ekuhambeni kwexesha wathi uPawulos kuBharnabha: "Makhe sityelele
amakholwa kuzo zonke iidolophu apho sasikhe salishumayela khona ilizwi
leNkosi, siqonde ukuba aphila njani na."

37UBharnabha wafuna ukuba kuhanjwe noYohane Marko,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

38kodwa uPawulos yena akathandanga ukuba bahambe naye, kuba ngokuya
babehambe naye kuqala wajika esithubeni, wabashiya ePamfili.

39Baxambulisana ke ngale ndawo, bada bagqibela ngokwahlukana.
UBharnabha wahamba noMarko, basinga eSipro ngesikhephe.

40Waza yena uPawulos wakhetha ukuhamba noSilas. Ke amakholwa
abanikela ezibeleni zikaThixo, bemka.

41UPawulos watyhutyha imimandla yaseSiriya naseKiliki, ewomeleza
amabandla.

Umsebenzi Wabathunywa 16

UTimoti uhamba noPawulos noSilas

1UPawulos waya eDerbhe naseListra. Apho kwakukho ikholwa eligama
linguTimoti, onina wayekwalikholwa, engumJudakazi, uyise yena
engumGrike.

2Onke amakholwa aseListra naseIkoniyo ayemazi ngesimilo esihle uTimoti.

3UPawulos wafuna ukuhamba noTimoti, ngoko ke wamolùsa kuqala, kuba
onke amaJuda aloo mmandla ayesazi ukuba uyise wayengolukanga.

4Ekuzityhutyheni kwabo ezo dolophu, amakholwa bawazisa ngesigqibo
sabathunywa nabadala eJerusalem.

5Aza ke amabandla omelezeka elukholweni, anda nangamanani imihla
ngemihla.

UPawulos ubizelwa eMakedoni

6Xa babekwingingqi yaseFrigi naseGalati, uMoya oyiNgcwele wabalela ukuba
balishumayele ilizwi eAsiya.

7Bakufika emdeni waseMisi, bazama ukungena eBhitini, kodwa nakhona
uMoya kaYesu akabavumelanga.

8Ngoko ke bacanda eMisi, behla baya eTrowa.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Xa babelapho ke, ebusuku uPawulos wabona umbono. Indoda yaseMakedoni yayimile imcenga isithi: “Yiza apha eMakedoni, uzokusinceda.”

10Ngokukhawuleza emva kwalo mbono kaPawulos, salungiselela ukuya eMakedoni, kuba saqonda ukuba uThixo usibizela ukuba siye kuzishumayela iindaba ezimnandi kubantu balapho.

Ukuguquka kukaLidiya

11Semka ngesikhephe eTrowa, sahamba ngqo sacanda sijonge eSamotraki, saza ngengomso sangena eNapoli.

12Sakusuka apho, saya kutsho eFilipi, idolophu yokuqala kwisithili saseMakedoni, eyayilithânga laseRoma. Sakhe sahlala iintsukwana apho kuloo dolophu.

13 NgoMhla wokuPhumla saphuma edolophini, saya ngasemlanjeni, apho sasiba koba kukho indawo athandazela kuyo amaJuda. Sahlala phantsi, sancokola namakhosikazi awayebuthe apho.

14Enye yawo eyayisiphulaphule nguLidiya waseTiyatire, owayengumthengisi weempahla ezimsobo zexabiso. Wayeyintokazi eyayimhlonela uThixo, yaza ke iNkosi yayibaza ingqondo ukuba izigqale izinto ezazithethwa nguPawulos.

15Yabhaptizwa kunye nosapho lwayo. Yaza ke yasimema isithi: “Ukuba nithi ndilikholwa ngenene eNkosini, khanizokuhlala kwam.” Yasithundeza ke ukuba siye.

UPawulos noSilas entolongweni yaseFilipi

16Ngamhla uthile xa sasisiya kwindawo yokuthandaza, sahlangana nentombi eyayilikhoboka. Yayinamafufunyana. Yayibenzela imali eninzi ke abanikaziyo ngokuchazela abantu izinto eziza kubehlela.

17Yasilandela sinoPawulos, ikhwaza isithi: “La madoda angabakhonzi bakaThixo uPhezukonke. Anishumayeza indlela eningásindiswa ngayo.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

18Yaqhuba iintsuku ezininzi iyenza le nto, yada yamthukuthezela uPawulos,
wajika wathi kuloo moya: “Ngengunya legama likaYesu Krestu ndithi:
‘Phuma kule ntombi.’ ” Aphuma kwangoko amafufunyana.

19Bakuphawula abanikaziyo ukuba ayisekho indlela yokwenza imali ngale
ntombi, babagxavula ooPawulos noSilas, babarhuqela kwinkundla yamatyala
eyayisebaleni lembutho.

20Babamangalela kwabasemagunyeni, besithi: “La madoda angamaJuda, yaye
adala isidubedube apha edolophini yethu.

21Afundisa imikhwa enxamnye nomthetho wethu. Thina singamaRoma,
asinakuyamkela loo mikhwa.”

22Nesihlwele sangenelela ekubahlaseleni. Zaza iziphathamandla zathi
mazikrazulwe izambatho zikaPawulos noSilas, babethwe nokubethwa.

23Bakuba bebethwe kanobom, bavalelwa entolongweni. Wayalelwa nojela
ukuba abatshixele abagcine ngokunqabileyo.

24Ewufumene umyalelo lowo, ujela wabatshixela kwelingaphakathi igumbi,
wabakhonkxa iinyawo ngezikhuni.

25Phakathi kobusuku uPawulos noSilas bathandaza bacula bedumisa uThixo,
namanye amabanjwa ebeva.

26Ngesaquphe kwabakho inyikima eyashukumisa izisekelo zentolongo. Zatsho
zavuleka zonke iingcango, namatyathanga akhululeka kumabanjwa.

27Evukile ujela, wabona iingcango zentolongo zivulekile, wacinga ukuba
abalekile amabanjwa onke; waza warhola ikrele lakhe, eza kuzibulala.

28Kuthe kusenjalo wamemeza uPawulos esithi: “Mus' ukuzenzakalisa, kuba
sisaphelele!”

29Ujela lowo wathi makuziwe nesibane, waza engcangcazela enjalo wangena
wawa ezinyaweni zikaPawulos noSilas.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

30Wabakhuphela phandle, wabuza wathi: “Bahlekazi, ndingenza ntoni ukuze
ndisinde?” Bona baphendula bathi:

31“Zinikele eNkosini uYesu; uya kusindiswa wena nosapho lwakho.”

32Bamchazela ke yena nabo bonke ababesendlwini yakhe ngodaba lweNkosi.

33Ngaloo yure kanye yobusuku ujela wabathatha, wahlamba amanxeba abo;
waza wabhaptizwa kunye nosapho lwakhe kwangoko.

34Waya nabo endlwini yakhe ooPawulos noSilas, wabapha ukutya. Yena
nosapho lwakhe bazaliswa luvuyo ngenxa yokuba bezinikele kuThixo.

35Ngentsasa elandelayo abasemagunyeni bathumela amagosa abo, besithi:
“Wakhululeni loo madoda.”

36Ujela ke wamxelela uPawulos ukuba iziphathamandla zithumele umyalelo
wokuba yena noSilas bangákhululwa. Ngoko ke bakhululekile bangáhamba
ngoxolo.

37Kodwa waphendula uPawulos wathi kumagosa lawo: “Hayi kaloku,
sikatswe esidlangalaleni, nakuba singakhange sibekwe tyala, ibe futhi
singabemi abangamaRoma! Ngaphezu koko sivalelwe entolongweni.
Bangathini ke ngoku ukusikhulula bucala? Hayi bo! Ayinakwenzeka loo nto!
Abasemagunyeni mabeze kusikhulula ngokwabo.”

38Amagosa lawo aya kuwaxela la mazwi kwiziphathamandla, ezathi zakuva
ukuba uPawulos noSilas ngabemi abangamaRoma, zoyika kakhulu.

39Ngoko ke zaya kubo, zacela uxolo, zabacenga ukuba bahambe, zabakhupha
ke bemka.

40UPawulos noSilas bayishiya ke intolongo leyo, baya kwaLidiya. Apho ke
bahlangana namakholwa, baza bathi, bakuba bewakhuthazile, bemka.

Umsebenzi Wabathunywa 17

Isiphithi-phithi eTesalonika

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Bahamba ke, badlula eAmfipoli naseApoloniya, bada baya kufika eTesalonika, apho yayikho indlu yesikhungo yamaJuda.

2Njengoko ebeqhele ukwenjenjalo, uPawulos waya endlwini yesikhungo leyo. Apho wayexoxa nabantu ngeziBhalo imiGqibelo emithathu,

3ezichaza iziBhalo, ecacisa kwangazo ukuba ubemelwe kukuva ubunzima uKrestu, abuye avuke ekufeni. “Lo Yesu ndimvakalisayo nguKrestu,” wayesitsho uPawulos.

4Abanye abantu boyisakala, bazimanya noPawulos noSilas. Enjenjalo namaGrike aliqela awayemhlonela uThixo, kwakunye namakhosikazi amaninzi aphambili entlalweni.

5Kodwa akhathazeka amaJuda, aqokelela amatshijolo ezitalatweni, yaligquba elenza intswahla nesiphithi-phithi edolophini. Lawuhlasela umzi kaJason, liba balapho ooPawulos noSilas, liza kubasa ematyaleni.

6Kodwa lakungabafumani, larhuqa uJason kunye namanye amakholwa, libasa kubaphathi-dolophu, likhwaza lisithi: “La madoda luqhushululu konke apho ahamba khona; ngoku eze nakule idolophu,

7yaye uJason uwagcine phaya endlwini yakhe. Ewonke angabaphuli-mthetho kaKhesare, kuba athi kukho nkosi yimbi inguKrestu Yesu.”

8Ngaloo mazwi basitsho isihlwele nabaphathi-dolophu bakhathazeka.

9Abaphathi-dolophu babahlawulisa imali yesibambiso ooJason nabanye abo ngaphambi kokubakhulula bahambe.

UPawulos noSilas eBheriya

10Kuthe nje kusandul' ukuhlwa, amakholwa abathumela eBheriya ooPawulos noSilas. Bafika apho, baya kwindlu yesikhungo yamaJuda.

11Abantu balapho bona babeneengqondo eziphangaleleyo kunabantu baseTesalonika. Baluphulaphula ngomdla bona udaba, bazifunda mihla le neziBhalo, befuna ukuqonda ukuba uPawulos unyanisile na.

© 1996 Bible Society of South Africa.

12Kwaguquka abantu abaninzi, amadoda kunye namakhosikazi amaGrike akumgangatho ophezulu entlalweni.

13Kodwa akuva amaJuda aseTesalonika ukuba uPawulos ulishumayela naseBheriya ilizwi likaThixo, aya apho, afika afaka umoya woqhushululu ebantwini.

14Amakholwa amsa ngaselwandle uPawulos kwangoko. Basala bona ooSilas noTimoti eBheriya.

15La madoda âhamba noPawulos, ada aya kutsho eAtene. Abuyela eBheriya nomyalelo kaPawulos wokuba ooSilas noTimoti mabakhawuleze baye kuye.

UPawulos eAtene

16Kwathi xa uPawulos wayesalinde uSilas noTimoti eAtene, wafumana umnqa kukubona indlela ezazizininzi ngayo izithixo kuloo dolophu.

17Waxoxa endlwini yesikhungo namaJuda kunye neentlanga ezazihlonela uThixo. Ngokukwanjalo wayexoxa nabantu ababegqitha-gqitha ebaleni lembutho.

18Nabathile abaziintanda-bulumko zeqela lamaEpikure namaStoyike babencokola naye. Bambi babesithi: “Ngaba lifuna ukuthini eli pholopholo?” abanye besithi: “Ngathi ngunozakuzaku woothixo basemzini.” Babesitsho ke kuba uPawulos wayeshumayela ngoYesu nangovuko lwabafileyo.

19Baza ke bamthatha uPawulos, baya naye entlanganisweni, endaweni ekwakusithiwa yiAriyopago, bathi kuye: “Khawutsho! Sifuna ukuyazi le mfundiso intsha uthetha ngayo.

20Ezinye zezinto esikuva uthetha ngazo ziyasimangalisa, ngoko ke sifuna ukuyazi intsingiselo yazo.”

21Kaloku abantu baseAtene nabatyeleli bakhona kwakungekho nto babeyixabise ngaphezu kokuncokola okanye ukuphulaphula iingcamango ezintsha.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22UPawulos waphakama wema entlanganisweni apho eAriyopago, wathi: “Bantu baseAtene, ndiyaphawula ukuba ningabantu abaluthanda ngokuncamisayo unqulo.

23Kuthe xa bendihamba-hamba ndibuka iindawo zenu zonqulo, ndabona neqonga lamadini elibhaliweyo kwathiwa: ‘Kongaziwayo uThixo.’ Ngoko ke lowo nina nimnqula ningamazi, mna ndivakalisa yena kuni.

24UThixo lo udale ihlabathi nezinto ezikulo, uyiNkosi yezulu nomhlaba. Ngoko ke akahlali zindlwini zenziwe ngabantu,

25engaswele nto ngokokude abantu bazidube ngokumenzela nto. Kuba kaloku nguye ngokwakhe onika ubomi nomphefumlo, nazo zonke iimfuneko zoluntu lonke.

26Zonke iintlanga zabantu wazidala zaphuma mlibeni mnye, wazenza ukuba ziwume wonke umhlaba. Yena ngokwakhe kwangaphambili wazimisela amaxesha obomi, kunye nemida yokuhlala kwazo.

27Oku wakwenza ukuze zihlale zimzingela, hleze zimphuthaphuthe de zimfumane; nangona yena uThixo engekude kuthi sonke,

28kuba kungaye sikho nje, sisuka-suka, siphilile. Kunjengoko zitshoyo ezinye zeembongi zenu ukuthi: ‘Nathi siyinzala yakhe.’

29Singabantwana bakhe nje ke, masingacingi ukuba imo kaThixo ifana nento eqingqwe ngegolide, ngesiliva, okanye ngelitye, ngobugcisa bomntu.

30UThixo wayewayeke ngabom loo maxesha apho abantu babengazi. Kungokunje uyalela abantu bonke, ezindaweni zonke, ukuba baguquke ezindleleni zabo ezimbi.

31Kaloku uwumisele umhla apho aya kuligweba ihlabathi lonke liphela ngobulungisa, ngeNdoda ayimiseleyo. Le nto uyingqine kubantu bonke ngokuyivusa loo Ndoda ekufeni.”

32Bathi bakumva uPawulos ethetha ngovuko lwabafileyo, bahlekisa ngaye. Bambi bathi: “Sisafuna ukuyiva kwakhona le ntetho yakho.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

33Waza ke uPawulos wemka apho entlanganisweni.

34Kambe abanye bazinikela, baza bamlandela. Phakathi kwabo kwakukho uDiyonisi, ilungu leAriyopago, nomfazi ogama linguDamari, kunye nabanye.

Umsebenzi Wabathunywa 18

UPawulos eKorinte

1Emva koko uPawulos wemka eAtene, wabheka eKorinte.

2Apho wadibana nomJuda ogama linguAkwila, owazalelwa ePonto, ekunye noPrisila umkakhe. Wayesand' ukufika apho, evela eItali, ekubeni uKhesare Klawudiyo wawagxothayo amaJuda awayeseRoma. Ebandwendwele uPawulos,

3wahlala kunye nabo, wasebenza kunye nabo, kuba kaloku wayephila ngokwenza iintente njengabo.

4Yonke imiGqibelo wayedla ngokubamba iingxoxo endlwini yesikhungo, ezama ukuwanelisa amaJuda kwanamaGrike.

5Bakufika ooSilas noTimoti, bevela eMakedoni, uPawulos akabanga senza nto yimbi ingekuko ukushumayela iindaba ezimnandi, ewacacisela amaJuda ukuba uYesu unguye uKrestu.

6Kuthe akumchasa emngcikiva, wavuthulula iimpahla zakhe, ekhalala, esithi: “Ukuba nithe natshabalala, lityala lenu. Mna andinatyala kuloo nto. Ukususela ngoku ndiya ezintlangeni.”

7Wabashiya ke waya kuhlala emzini kaTitiyo Yusto intlanga eyayimnqula uThixo. Umzi wakhe wawumelene nendlu yesikhungo.

8UKrispo, igosa lendlu yesikhungo, wazinikela eNkosini kunye nentsapho yakhe. Kwabhaptizwa nenkitha yabantu eKorinte eyalivayo ilizwi yazinikela eNkosini.

9Ngabusuku buthile uPawulos waba nombono apho, yathi iNkosi kuye: “Sukoyika, zingisa ukuthetha ungancami,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

10kuba mna ndinawe. Akukho mntu uya kukuchukumisa, kuba baninzi
abantu bam kule dolophu.”

11UPawulos wahlala apho ke unyaka onesiqingatha, ebafundisa ilizwi
likaThixo abantu.

12Kwathi akuba uGaliyo eyirhuluneli emele amaRoma kwisithili saseAkaya,
amaJuda adibana ngoPawulos, amthatha amsa enkundleni, afika athi:

13“Le ndoda izama ukuwexula abantu ukuba bakhonze uThixo ngendlela
ephambeneyo nomthetho.”

14Kwathi xa aza kuphendula uPawulos, uGaliyo wabhekisa kumaJuda wathi:
“Ukuba ngaba lo mbandela ubuyimpazamo ethile, okanye ityala elibi,
bendingade ndiyinyamezele le nto, maJuda.

15Kodwa ke ngenxa yokuba lo mbandela uphathelele kumazwi, namagama,
nomthetho wenu, ziboneleni nina ukuba ningawulungisa njani na. Mna
andinakugweba izinto ezinjalo.”

16Waza ke wabakhupha apho enkundleni.

17Bahlasela uSosteno igosa lendlu yesikhungo, bambethela apho phambi
kwenkundla. Kodwa yena uGaliyo zange azikhathaze ngaloo nto.

UPawulos ubuyela eAntiyokwe

18UPawulos wahlala apho eKorinte ixesha elide, waza ke wanduluka apho
ngesikhephe enoPrisila noAkwila, basinga eSiriya. Wathi xa aseKenkreya
wacheba intloko yakhe, kuba wayenze isifungo.

19Bakufika e-Efese, uPawulos wabashiya ooPrisila noAkwila, waya endlwini
yesikhungo, waxoxa khona namaJuda.

20Babemcela ukuba ahlale nabo ixesha elide, kodwa akavuma.

21Wasuka wathi xa ahambayo: “Ukuba ngaba kuyintando kaThixo ukuba
ndibuye, ndobuya ndibuye.” Waza ke wemka e-Efese.

© 1996 Bible Society of South Africa.

22Akufika eKhesariya, wadlula waya kubulisa ibandla, waza ke waya
eAntiyokwe.

23Emva kwethuba elapho wemka, watyhutyha imimandla yaseGalati
neyaseFrigi, ehamba ewomeleza onke amakholwa.

UApolo e-Efese naseKorinte

24E-Efese kwafika umJuda, ogama linguApolo, owazalelwa eAlesandriya.
Wayeliciko lokuthetha, futhi ezazi ngokucokisekileyo iziBhalo.

25Wayeqeqeshiwe ngeNdlela yeNkosi, ngokunjalo wayethetha ngokutshiseka
ezifundisa iinyaniso ezingoYesu ngentembeko. Nangona kunjalo wayesazi
ubhaptizo lukaYohane kuphela.

26Wayethetha ngesibindi endlwini yesikhungo. Bathi ke bakumva ooPrisila
noAkwila, bammemela emzini wabo, bamcacisela kakuhle ngokuzeleyo
iNdlela yeNkosi.

27UApolo wagqiba ukuba aye kwelaseAkaya, aza amakholwa ase-Efese
amkhuthaza amphathisa neleta emazisayo kumakholwa alapho. Akufika
khona waba luncedo olukhulu kwabo babethe ngesisa sikaThixo baguquka,

28kuba ngenxa yobuciko bakhe wayewoyisa amaJuda ezingxoxweni. Kaloku
wayecaphula eziBhalweni, ebonisa ukuba uYesu unguKrestu.

Umsebenzi Wabathunywa 19

UPawulos e-Efese

1Ngexesha uApolo wayeseKorinte, uPawulos yena wacanda phakathi kuloo
mimandla, waya kufika e-Efese. Apho wafumana iqela labalandeli
bakaYohane,

2wababuza wathi: “Namamkela na uMoya oyiNgcwele ukuzinikela kwenu?”
Baphendula bathi: “Asizange sive nokuva ukuba kukho uMoya oyiNgcwele.”

3UPawulos wababuza wathi: “Phofu lubhaptizo luni enabhaptizwa ngalo?”
Bona bathi: “Lubhaptizo lukaYohane.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

4UPawulos wabachazela wathi: “Ubhaptizo lukaYohane lona lwalusalatha inguquko. Yena wayebaxelela abantu ukuba bazinikele kulowo wayesiza emva kwakhe; nguYesu ke lowo.”

5Bakuyiva le ntetho, babhaptizwa egameni leNkosi uYesu.

6UPawulos wababeka izandla, batsho bamamkela uMoya oyiNgcwele, baza bathetha iilwimi, belithetha ilizwi likaThixo.

7Babengamadoda amalunga neshumi elinambini.

8Ngesithuba seenyanga ezintathu uPawulos wayesiya endlwini yesikhungo yamaJuda, ethetha, exoxa nabo abantu ngesibindi, ezama ukuboyisela ekulawulweni nguThixo.

9Kodwa abanye babo baba neenkani, abavuma ukuzinikela, basuka bayingcikiva iNdlela yeNkosi esidlangalaleni. Ngoko ke uPawulos wabashiya, wathatha abalandeli bakaYesu, waza wafundisa imihla ngemihla esikolweni sikaTirano.

10Le nto ke wayiqhuba isithuba seminyaka emibini, bada bonke abantu ababehlala kwelo phondo laseAsiya, amaJuda kwanamaGrike, baliva ilizwi leNkosi.

Oonyana bakaSkeva

11Amandla kaThixo âbonakala ngezinto ezingaqhelekanga ezazisenziwa nguPawulos.

12Neetshefu ezi kwaneefaskoti ezichukumise umzimba kaPawulos zazibaphilisa abagulayo, kude kuphume neendimoni.

13AmaJuda athile awayejikeleza ekhupha iindimoni, nawo akhe azama ukusebenzisa igama leNkosi uYesu. Ayesithi kwiindimoni: “Ndikuyala ngegama likaYesu, lo ushunyayelwa nguPawulos.”

14Aba babesenza le nto yayingoonyana abasixhenxe bombingeleli oyintloko womJuda owayenguSkeva igama.

© 1996 Bible Society of South Africa.

15Kodwa indimoni yathi kubo: “Ndiyamazi uYesu, noPawulos ndiyamazi; nina
ke ningoobani?”

16Ke kaloku indoda leyo yayinendimoni yabahlasela yabongamela,
ibadlakazelisa kangangokuba baphuma apho kuloo ndlu bagqotsa
bengxwelerhekile, neempahla zabo zivukuvuku.

17Onke amaJuda neentlanga ezazihlala apho e-Efese zasiva esi siganeko, zaza
zoyika kakhulu; laza igama leNkosi uYesu lanikwa imbeko ladunyiswa.

18Amakholwa amaninzi azinikezela, ezivuma ezixela esidlangalaleni izinto
azenzileyo.

19Uninzi lwâbo babesenza imilingo lwaziqokelela lwazitshisela
esidlangalaleni iincwadi zalo. Bawabala bawadibanisa amaxabiso ezo ncwadi,
bazifumana zikwisithuba samashumi amahlanu amawaka eerandi.

20Ngamandla eNkosi ilizwi leNkosi lanwenwezela, lakhula, laya lisomelela
ngokomelela ngale ndlela.

Udushe e-Efese

21Emva koko uPawulos wazimisela ukucanda kwelaseMakedoni nelaseAkaya,
aze agqithele eJerusalem. “Ndakuba ndiyile khona, kufuneka ndiyibone
neRoma,” wakha watsho.

22Ke kaloku wathumela eMakedoni uTimoti noErasto abancedisi bakhe, lo
gama athe yena wolula ukuhlala kwiphondo laseAsiya.

23Kungeli xesha ke apho kwavumbuluka udushe e-Efese ngenxa yeNdlela
yeNkosi.

24UDemetriyo umfo owayebumba imifanekiso yendlu yesithixokazi uArtemis
ngesiliva, wayewenzela ingeniso enkulu ngolu shishino amagcisa aqeshwe
nguye.

25Wenza imbizo ke ekwabakho kuyo abaqeshwa kwakunye nabanye
ababesenza umsebenzi okwanjengowakhe, wathi kubo: “Madoda, niyazi
ukuba impumelelo yethu ixhomekeke kolu shishino.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

26Niyabona nizivela ngokwenu into eyenziwa yile nkewu uPawulos. Uthi oothixo abenziwe ngabantu àbangabo konke, yaye uphumelele ekuboyiseni abantu abaninzi jikelele kule Efese, phantse wawugqiba ummandla waseAsiya uphela.

27Ilapha ke ingozi, kule ndawo yokuba ushishino olu lwethu lufumane igama elibi. Kanti asikokuphela kwaloo nto, ikwakho nale ndawo yokuba nendlu yesithixokazi uArtemis ayiyi kwazelwa nto, ukanti nesidima sesithixokazi saseAsiya – nditsho esinqulwa lihlabathi liphela – siya kuphanza."

28Iwaphulaphule la mazwi indimbane leyo, yakhathazeka kakhulu, yadanduluka yathi: "Mkhulu uArtemis wamaEfese!"

29Le ntshukumo yatyhutyha yonke idolophu. Bahlasela uGayo noAristarko baseMakedoni ababehamba kunye noPawulos, babaqweqwedisela kwiqonga lemidlalo.

30UPawulos wafuna ukungena phakathi kwesihlwele eso, ukuze athethe naso, kodwa amakholwa akamvumelanga.

31Abathile kumagosa ephondo laseAsiya, ababenobuhlobo noPawulos, nabo bamthumela umyalezo, bemcebisa ukuba angayi phaya eqongeni lemidlalo.

32Kwangeli xesha ke intlanganiso xa iyonke yayisisiphithi-phithi nje. Kaloku abanye babekhwaza bethetha le, bambi bekhwaza bethetha leya; kuba kaloku uninzi lwaluhamba nje nezihlwele, lungazi nokuba indibano le yeyantoni na.

33Abanye abantu bamchazela ngale nto yenzekayo uAlesandire, kuba amaJuda ayegqatse yena phambili. UAlesandire wawangawangisa ngesandla ukuba kuthi cwaka, efuna ukulamla.

34Kodwa bathi bakumqonda ukuba ungumJuda, batsho ngazwinye, besenza intswahla, bekhwaza, bephinda-phinda besithi: "Mkhulu uArtemis wamaEfese!" Kwada kwaphela iiyure ezimbini besenza loo nto.

35Kwathi ngelikade unobhala wedolophu wada wanako ukusithomalalisa isihlwele. Wathi: "MaEfese, wonke ubani uyazi ukuba le dolophu yase-Efese

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ngumgcini wendlu yesikhulukazi uArtemis, nowomfanekiso oqingqiweyo owavela ezulwini.

36Akukho bani unako ukuziphikisa ezi zinto. Ngoko ke zolani, ningenzi nto ngokungakhathali.

37La madoda nize nawo apha, nangona angebanga zinto zingcwele zendlu yonqulo okanye anyelise isithixokazi sethu.

38Ukuba uDemetriyo nezicaka zakhe banesityholo ngakubani, ikho imihla eyaziwayo yenkundla, neziphathamandla zikhona; bangamangalelana khona.

39Kodwa ukuba kukho enye into, inokulungiswa yintlanganiso esemthethweni yabemi.

40Kaloku ngenxa yale nto yehle namhlanje, sisengozini yokutyholwa ngokwenza ingxushungxushu. Asinandlela yakuziphendulela ngolu dushe, singenaso nesizathu esibambekayo.”

41Akuba etshilo, wayichitha intlanganiso.

Umsebenzi Wabathunywa 20

UPawulos eMakedoni nakwelamaGrike

1Lwakuba ludambile udushe olo, uPawulos wawahlanganisa amakholwa, wawanika amazwi enkuthazo nawokwahlukana. Waza wasuka apho wasinga kwelaseMakedoni.

2Watyhutyha loo mimandla, ehamba ethetha amazwi enkuthazo ebantwini. Wafika nakwelamaGrike,

3apho wahlala iinyanga ezintathu. Wathi xa alungiselela ukuya eSiriya, wabhaqa ukuba amaJuda amenzela iyelenqe, waza wabona ukuba makaphindele emva, acande kwelaseMakedoni.

4Nâba abâmkhapháyo: uSopatro unyana kaPiro waseBheriya, uAristarko noSekundo baseTesalonika, uGayo waseDerbhe noTimoti, kwanoTikiko noTrofimo baseAsiya.

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Basandulela baya kusilinda eTrowa.

6Emva kweSidlo seZonka ezingenaGwele sanduluka eFilipi ngesikhephe, saza emva kweentsuku ezintlanu sadibana nabo eTrowa, apho sachitha iveki khona.

Utyelelo lokugqibela lukaPawulos eTrowa

7Ngokuhlwa koMgqibelo sahlanganisana kwisidlo sobudlelwana. UPawulos wathetha nabo abantu, wolula kwada kwaphakathi kobusuku, kuba kaloku wayeza kuhamba ngomhla olandelayo.

8Intlanganiso leyo yayisegumbini eliphezulu apho kwakukho izibane ezininzi.

9Umfana ogama linguYutiko wayehleli efestileni, wada wozela walala, kuba uPawulos engayeki ukuthetha. Wothuleka apho kumngangatho wesithathu, waya kuwa emhlabeni, bamchola apho efile.

10UPawulos wehla waya kuye, wafika waziphosa phezu kwakhe, wamgona, wathi: “Sanukothuka, kuba akafanga, uhleli!”

11Waza ke uPawulos wenyuka waya egumbini eliphezulu, wafika wathatha isonka watya. UPawulos wathetha nabo kwada kwaphuma ilanga, waza ke wemka.

12Umfana lowo bagoduka naye ephilile, nabo bethuthuzelekile.

Uhambo lokusuka eTrowa ukuya eMileto

13Thina sahlabela mgama, sihamba ngenqanawa, saya kutsho eAso, apho sasiza kuthatha uPawulos khona, kuba lo yayingumyalelo wakhe, njengoko yena wayehamba emhlabeni.

14Wathi akudibana nathi eAso, sahamba naye saya kufika eMitilene.

15Sasuka apho, saya kudlula malunga neKiyo ngosuku olulandelayo. Kwakhona ngemini elandelayo safika eSamo, saza ngengomso saya kufika eMileto.

© 1996 Bible Society of South Africa.

16UPawulos wayegqibe ukuba angagqithi e-Efese, ukuze angachithi xesha kwiphondo laseAsiya. Wayengxamele ukuba usuku lwePentekoste lumfikele eseJerusalem xa kunokwenzeka.

Intetho kaPawulos nabadala base-Efese

17Sathi xa siseMileto, uPawulos wathumela e-Efese, ukuba abadala bebandla baye kuye.

18Bakufika wathi kubo: “Nina ngokwenu niyayazi kakuhle indlela endahlala nani ngayo, ukusuka kwimini yokuqala endathi ndafika ngayo kweli phondo laseAsiya.

19Njengesicaka seNkosi, umsebenzi wam ndawenza ngentobeko ndisezinyembezini, nakumaxesha anzima ândifikeláyo ngenxa yamayelenqe amaJuda.

20Niyazi ukuba andinifihlelanga nto ebinokuba luncedo kuni, xa bendishumayela ndinifundisa esidlangalaleni nasemakhayeni enu.

21KumaJuda nasezintlangeni ndazingisa ukubalumkisa abantu ukuba baguqukele kuThixo beyivuma iNkosi yethu uYesu.

22Ngoku ke ngokuthundezwa nguMoya oyiNgcwele ndiya eJerusalem, ndingayazi into eya kundihlela khona.

23Ndazi nto-nye, le yokuba kuzo zonke iidolophu uMoya oyiNgcwele undilumkisile ukuba ndilindelwe yintolongo neenkxwaleko.

24Kodwa kum ukuphila akubalulekanga ngaphezu kokuba ndilufeze ubizo lwam, ndiwugqibe umsebenzi endawunikwa yiNkosi wokuvakalisa iindaba ezimnandi zesisa sikaThixo.

25“Ndijikelezile phakathi kwenu, ndivakalisa ngolawulo lukaThixo kuni. Ibe ngoku ndazi kakuhle ukuba akukho bani kuni uya kuphinda andibone.

26Ngokunjalo ndingqina ndiqinisekile ngayo le mini ukuba xa kuthe kwakho umntu olahlekayo apha kuni, ndimsulwa mna,

© 1996 Bible Society of South Africa.

27kuba andizange ndifihle nto – ndalivakalisa njengoko linjalo icebo likaThixo kuni.

28Zilumkeleni nina ngokwenu, niwulumkele nawo umhlambi athe uMoya oyiNgcwele wanibeka phezu kwawo. Yibani ngabelúsi bebandla likaThixo, athe walizuza ngegazi lowakhe uNyana.

29Kuba ndiyazi ukuba ndakumka, kuya kuvela kwalapha kuni iingcuka eziqwengayo, ezingayi kuba nanceba ngomhlambi lo.

30Kwalapha kuni kuya kubakho amadoda agqwetha inyaniso, enenjongo yokuwalahlekisa amakholwa.

31Lumkani ngoko, nikhumbule ukuba imini nobusuku ndaniluleka nonke ngabanye, ndisezinyembezini, ithuba leminyaka emithathu.

32“Ngoko ke ndiyambongoza uThixo ukuba makanikhusele. Uya kunakha ngodaba lwesisa sakhe, olunamandla okunenza nilixhamle ilifa kunye nabo bonke abantu bakhe.

33Andizange ndinqwenele mali nampahla yamntu.

34Kaloku nazi mhlophe ukuba ndasebenza ngezi zandla zam, ndizixhasa kuzo zonke iintswelo zam kwanezamahlakani am.

35Ndinibonisile ngeendlela zonke ukuba sifanele ukusebenza nzima, ukuze sincede nabo bahluphekileyo, siwakhumbula amazwi eNkosi athi: ‘Kuluyolo ukupha ngaphezu kokuphiwa.’ ”

36Akuwagqiba la mazwi uPawulos, waguqa nabo bonke, wathandaza.

37Bathi besithi ndlela-ntle kuye, baye bengenakuzibamba bengqukruleka. Babemgona ngokwesiko labo.

38Babehlatyaniselwe ngokukodwa ngamazwi awawathetháyo esithi abayi kuphinda bambone. Baza ke bamkhapha, baya naye enqanaweni.

Umsebenzi Wabathunywa 21

UPawulos uya eJerusalem

© 1996 Bible Society of South Africa.

1Sakwahlukana nabo, sangena enqanaweni, sahamba ngqo sada saya kufika
eKos. Ngengomso sagaleleka eRodo, sasuka saya kutsho ePatara.

2Safumana inqanawa apho eyayisiya eFenike, saza sangena kuyo, sahamba
ngayo.

3Sayithi ntlaa, sayishiya ngasekhohlo iSipro, sijonge eSiriya. Sehla
enqanaweni eTire. Kaloku kwakulapho yayiza kothulwa khona umthwalo.

4Safika kukho amakholwa apho, saya kuhlala nawo iveki yonke.
Ngokutyhilelwa nguMoya oyiNgcwele athi uPawulos makangayi eJerusalem.

5Kodwa lakufika ixesha lokumka, sayihamba indlela yethu. Basikhapha sada
sangaphandle kwedolophu, bekunye nabafazi kwanabantwana babo. Saguqa
elunxwemeni apho, sathandaza.

6Sahlukana ke, thina sangena enqanaweni, bona bagoduka.

7Ukusuka kwethu eTire, sahamba sada saya kufika eTolimayi. Apho sadibana
namakholwa, sahlala nawo imini yonke.

8Kwakusa salishiya elo, saya kungena eKhesariya. Apho safikela emzini
womvakalisi weendaba ezimnandi uFilipu, omnye walaa madoda asixhenxe
awanyulwa eJerusalem.

9Wayeneentombi ezine ezingendanga ezaziluvakalisa udaba lweNkosi.

10Kuthe sekuntsuku silapho, kwafika umvakalisi-dabaonguAgabho, evela
kwaJuda.

11Ufike wathatha ibhanti kaPawulos, wazibopha ngayo iinyawo nezandla,
wathi: “Uthi uMoya oyiNgcwele: ‘Umnini wale bhanti uya kubotshwa
enjiwenje ngamaJuda eJerusalem, yaye aya kumnikela ezintlangeni.’ ”

12Sakuyiva le nto, samcenga uPawulos, sikunye namakholwa alapho, ukuba
angayi eJerusalem.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Kodwa wathi ukuphendula: “Nenza ntoni, nifuna ukundityhafisa nje ngezi nyembezi zenu? Andilungelanga kubotshwa kuphela eJerusalem; kwanokufa oku ndikulungele ngenxa yeNkosi uYesu.”

14Sancama ke, kuba singabanga nakumoyisa, sathi: “Makwenzeke ukuthanda kweNkosi.”

15Emva kwexesha silapho salungiselela ukuya eJerusalem.

16Abanye babalandeli bakaYesu baseKhesariya bahamba nathi, basisa endlwini yendoda egama linguMnaso, esathi sahlala nayo. Loo ndoda yayingumfo waseSipro, ilikholwa elaguquka kwimihla yangaphambili.

UPawulos uhambela uYakobi

17Ekufikeni kwethu eJerusalem, amakholwa asamkela ngezandla ezishushu.

18Ngengomso sahamba noPawulos, saya kubona uYakobi. Nabo bonke abadala bebandla babekhona.

19Ebabulisile uPawulos, wabanika ingxelo epheleleyo ngezinto zonke uThixo awayezenzile ngaye phakathi kweentlanga.

20Bathi bakuziva, bamdumisa uThixo xa bebonke. Baza bacebisa bathi kuPawulos: “Mfondini, nawe uyazibonela ngokwakho ukuba apha kukho amawaka-waka amaJuda aguqukileyo angamakholwa, kodwa asabambelele emthethweni kaMosis.

21Evile ke ngawe ukuba wena ufundisa onke amaJuda ahlala kumazwe eentlanga, ukuba awulahle umthetho kaMosis. Futhi kuthiwa wena uthi makangabolùsi abantwana bawo, bangawalandeli namasiko esiJuda.

22Kunjalonje aza kuva ukuba ufikile. Uthi kungenziwa ntoni?

23Phulaphula ke, sikucebise! Apha kukho amadoda amane azibophe ngesifungo.

24Ngoko ke wena zibandakanye nawo, ungene ekuhlanjululweni, uze uwahlawulele iindleko zawo, abe nako ukuzicheba iintloko zawo. Ngale ndlela ke wonke umntu uya kuqonda ukuba bubuxoki yonke le nto bayivileyo

© 1996 Bible Society of South Africa.

ngawe – ndaweni yaloo nto wena ngokwakho usawugcinile umthetho kaMosis.

25Kodwa zona iintlanga ezingamakholwa sasizibhalele ileta ngokwesigqibo sethu, sibayala ukuba bangakutyi ukutya kwedini, nanyama inegazi, nasilwanyana sikrwitshiweyo, futhi bazikhwebule ekurheletyeni.”

26Ke kaloku uPawulos wahlangana nawo loo madoda, waza ngengomso walenza kunye nawo isiko lokuhlanjululwa. Waza ke waya endlwini kaThixo ukuya kwenza amalungiselelo alo mcimbi, ngokukodwa malunga nomnikelo owawuya kufuneka ekupheleni kwexesha lentlambululo.

Ukubanjwa kukaPawulos

27Xa zaziza kuphela iintsuku ezisixhenxe zentlambululo, amaJuda athile ephondo laseAsiya ambona uPawulos esendlwini kaThixo. Avusa uqhushululu ebantwini, ambamba uPawulos,

28akhwaza esithi: “MaSirayeli, yizani! Nantsi le ndoda ihamba ithetha kakubi ngamaSirayeli, ngomthetho kaMosis, nangendlu kaThixo, kumntu wonke. Ngoku ize kungcolisa le ndawo ingcwele ngokungenisa iintlanga kuyo.”

29Babesitsho kuba babekhe bambona kaloku uTrofimo wase-Efese edolophini apho, ekunye noPawulos; ngoku ke babeba uPawulos umzise endlwini kaThixo.

30Yaba ludushe ke kuyo yonke idolophu; basuka indulumbane bonke abantu, bambamba uPawulos, bamqweqwedisela ngaphandle kwendlu kaThixo. Kwangoko bazivala iingcango.

31Babeza kumbulala uPawulos ukuba kwakungafikanga lizwi kwingqwayi-ngqwayi yomkhosi wamaRoma, liyixelela ngodushe oluseJerusalem.

32Kwangoko ingqwayi-ngqwayi yesuka kunye namagosa ayo, neqela lamajoni, yasukela apho kolo dushe. Bakuyibona isiza namajoni, bayeka ukumbetha uPawulos abantu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

33Ingqwayi-ngqwayi yaya kuPawulos, yambamba, yayalela nokuba akhonkxwe ngamatyathanga amabini. Yaza ke yabuza isithi: “Ngubani lo mntu? Wenze ntoni?”

34Loo ndimbane yaphendula, abanye bethetha le, abanye bethetha leya. Kwakuphithizela kangangokuba ingqwayi-ngqwayi ayizange ikuqonde ncam okwakwenzekile, yaza ke yayalela ukuba uPawulos asiwe enqabeni yamajoni.

35Baya kufika naye ezitepsini, kwanyanzeleka ukuba amthwale apho amajoni, ngenxa yesiphithi-phithi sabantu.

36Bonke babemlandela bekhwaza besithi: “Bulala!”

UPawulos uzama ukuzithethelela

37Xa babeza kungena enqabeni, wathi uPawulos kwingqwayi-ngqwayi yomkhosi: “Ndingákhe ndithethe nawe?” Ingqwayi-ngqwayi ithe: “Kanti uyasazi isiGrike?

38Kuthe kanti akunguye laa mJiputa wakha wadala uqhushululu apha, wakhokelela endle amawaka amane abarhubuluzi bexhobile?”

39Uphendule wathi uPawulos: “Mna ndingumJuda; ndazalelwa eTarso kwelaseKiliki. Ndingummi wedolophu ebalulekileyo. Ndivumele ndikhe ndibhekise ilizwi kwaba bantu.”

40Yamvumela ingqwayi-ngqwayi, waza ke uPawulos emi ezitepsini wawangawangisa ngesandla ukuba bathi cwaka abantu, wadanduluka ngesiHebhere esithi:

Umsebenzi Wabathunywa 22

1“Mawethu, nani bobawo, khanindiphulaphule xa ndiziphendulelayo.”

2Bathi bakumva ukuba uthetha ngesiHebhere, bathi cwaka. Waza waqhuba wathi uPawulos:

3“Mna ndingumJuda, ndazalelwa eTarso kwelaseKiliki, kodwa ndakhulela apha eJerusalem, ndingumfundi kaGamaliyeli. Ndafumana ingqeqesho

© 1996 Bible Society of South Africa.

ecokisekileyo kumthetho wookhokho bethu; futhi ndandizinikele kuThixo, ndinjengokuba ninjalo nani namhlanje.

4Ndandibatshutshis' ukufa abantu abalandela le Ndlela. Ndandiwabamba amadoda kwanabafazi, ndibafake entolongweni.

5Umbingeleli omkhulu neBhunga xa lilonke bangangqina ukuba ndithetha inyaniso xa nditshoyo. Ndandithatha iincwadi kubo, zibhalelwe amaJuda aseDamasko, ndize mna ndihambe ndiye kubamba abantu, ndibabuyise bekhonkxiwe, ndibazise eJerusalem, ukuze bohlwaywe."

UPawulos uthetha ngenguquko yakhe
(Mseb 9:1-19; 26:12-18)

6"Ndathi xa ndandihamba ndisondela eDamasko, emini emaqanda, ndabona ukukhanya okuqaqambileyo esibhakabhakeni kundibengezelela ngeenxa zonke.

7Ndawa emhlabeni, ndaza ndeva ilizwi lisithi: 'Sawule, Sawule, unditshutshisela ntoni na?'

8Ndabuza ndathi: 'Ungubani wena, Nkosi?' Laphendula lathi: 'NdinguYesu waseNazarete, lo umtshutshisayo.'

9Amadoda endandihamba nawo akubona okunene ukukhanya, kodwa akazange ayive into ethethwa ngulowo wayethetha nam.

10Ndabuza ndathi: 'Ndingenza ntoni, Nkosi?' Yaza yathi iNkosi kum: 'Vuka, uye eDamasko; woyixelelwa khona apho into yonke akumisele ukuba uyenze uThixo.'

11Ukubengezela kokukhanya oko ndakubonayo kwanditsho ndayimfama, baza abo babendiphahlile bandibamba ngesandla, bandikhokelela eDamasko.

12"Apho ke kwakukho indoda ethile egama linguHananiya. Yayiyindoda ewuzondeleleyo iwuthobele umthetho, ihlonelwa kakhulu ngawo onke amaJuda aseDamasko.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Yeza yafika yema ecaleni kwam, yathi: ‘Sawule, mfondini, buya ubone.’
Kanye ngaloo mzuzu avuleka amehlo am, ndaza ndabona.

14Wathi: ‘UThixo wookhokho bethu ukukhethele ukuba ukwazi ukuthanda
kwakhe, ukuze usibone isiCaka sakhe esililungisa, uve ilizwi lakhe lithetha
nawe,

15kuba uya kuba lingqina lakhe, wazise bonke abantu izinto ozibonileyo
nozivileyo.

16Ngoku ke usalindele ntoni? Vuka, ubhaptizwe, zixolelwe izono zakho
ngokubiza igama lakhe.’ ”

Ubizo lukaPawulos lokushumayeza iintlanga

17“Ndaphindela kwaseJerusalem, apho ndathi ndisendlwini kaThixo
ndithandaza, ndaba nombono.

18Ndabona iNkosi isithi kum: ‘Khawuleza umke eJerusalem, kuba abantu
balapha abayi kubamkela ubungqina bakho ngam.’

19Ndathi ke mna: ‘Nkosi, bazi kakuhle ukuba ndandifika ndibabambe abo
bazinikele kuwe, ndibabethele apho ezindlwini zesikhungo.

20Kanti nangamhla kwakubulawa uStefano, ingqina lakho, nam ndandikho.
Ndandihambisana nokugwintwa kwakhe, neempahla zababemgebenga
zigcinwe ndim lo.’

21Yathi kum iNkosi: ‘Hamba, kuba ndiza kukuthuma kude kweleentlanga.’ ”

22Babemphulaphule abantu uPawulos, kwada kwaza kutsho kule ndawo;
basuka ke batsho ngentswahla besithi: “Msuse! Bulala loo nto!”

23Kwakuthe nzwii yingxolo, bejiwuzisa iimpahla zabo, kuqhuma uthuli.

24Ingqwayi-ngqwayi yomkhosi wamajoni amaRoma yathi uPawulos
makangeniswe enqabeni yawo, akatswe, kuncinwe unobangela wento
amxhibe ngayo amaJuda, ukuze angxole kangaka.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

25Kuthe sebembophelele, beza kumkatsa, uPawulos wabhekisa kumphathi-butho owayemi apho, wathi: “Khawutsho, kusemthethweni ukuba ungámbetha ummi ongumRoma engakhanga afunyanwe enetyala?”

26Umphathi-butho akuyiva le nto, waya kwingqwayi-ngqwayi, wathi: “Uza kuthini ke? Lo mfo ngummi ongumRoma.”

27Ingqwayi-ngqwayi ke yaya kuPawulos, yathi: “Khawutsho: ungummi ongumRoma wena?” Wavuma uPawulos.

28Ingqwayi-ngqwayi yaqhuba isithi: “Ndahlawula imali eninzi ukuze ndibe ngummi ongumRoma.” UPawulos wathi ukuphendula: “Kodwa ke mna ndinguye ngokuzalwa.”

29Kwangoko loo madoda ayeza kumncina uPawulos arhoxa, ingqwayi-ngqwayi yoyika yakuqonda ukuba uPawulos wayengummi ongumRoma, imkhonkxe ngamatyathanga nje.

UPawulos umi phambi kweBhunga

30Ingqwayi-ngqwayi yafuna ukuqiniseka ngetyala awayemmangalela ngalo amaJuda uPawulos. Ithe ke ngengomso makakhululwe amatyathanga uPawulos, kubizwe ababingeleli abaziintloko kunye neBhunga xa lilonke. Yaza ke yeza kummisa phambi kwentlanganiso uPawulos.

Umsebenzi Wabathunywa 23

1UPawulos wawajonga ntsho amalungu eBhunga, wathi: “Mawethu, kude kuze kuba yile mininje andinasazela nganto ngobomi bam bonke phambi koThixo.”

2Akutsho, umbingeleli omkhulu uHananiya wayalela ukuba uPawulos ampakazwe emlonyeni ngabo babekufuphi naye.

3Waphendula uPawulos wathi: “UThixo uya kukubetha, ludongandini luvetiweyo; uchophele ukundigweba ngokomthetho, kodwa kwawena uyawaphula umthetho, uthi mandibethwe!”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Amadoda awayekufuphi noPawulos athi kuye: “Ngumbingeleli omkhulu kaThixo lo umthukayo!”

5UPawulos wathi: “Hayi, mawethu, bendingamazi ukuba ungumbingeleli omkhulu. Kaloku iziBhalo zithi: ‘Ungàthethi kakubi ngomlawuli wabantu bakho.’ ”

6Akuqonda uPawulos ukuba kweli qela kukho abaSadusi kwakunye nabaFarasi, wabhekisa eBhungeni apho, wathi: “Mawethu, mna ndingumFarasi ongunyana womFarasi. Ndisematyaleni nje kungenxa yokuba ndinethemba lokuba abafileyo baya kuvuka.”

7Akutsho abaFarasi nabaSadusi baxabana bodwa, baza bahlukana kubini.

8Kaloku bona abaSadusi bathi abantu abayi kuvuka ekufeni, bakwathi akukho zithunywa zezulu, akukho namimoya, kodwa abaFarasi bona bayakholelewa kwezi zinto zontathu.

9Kwathi ke kwakuba njalo, kwaxokozela, abanye babachazi-mthetho beqela labaFarasi baphakama bekhalaza besithi: “Thina asifumani nto ingalunganga kule ndoda! Mhlawumbi ngenene umoya othile okanye isithunywa sezulu sithethile nayo.”

10Ingxoxo leyo yakhula kangangokuba ingqwayi-ngqwayi yaba sexhaleni lokuba uPawulos bosuka bamthi qwenge-qwenge. Ngoko ke yayalela ukuba amajoni amthathe uPawulos apho entlanganisweni, aye naye enqabeni yomkhosi.

11Ngobo busuku iNkosi yema ngakuPawulos, yathi: “Qina! Njengokuba undingqine apha eJerusalem nje, kufuneka wenze kwaloo nto naseRoma.”

Iqhinga lokubulala uPawulos

12Ngentsasa elandelayo amaJuda adibana enza iyelenqe. Azibopha ngesifungo sokuba angatyi angaseli engambulalanga uPawulos.

13Ayengaphezu kwamashumi amane kweli yelenqe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

14Aza ke aya kubabingeleli abaziintloko nakubadala athi: “Sizibophe ngesifungo, saye sizimisele ukuba singafaki nto phantsi kwempumlo singekambulali uPawulos.

15Nina ke neBhunga thumelani kumphathi-mkhosi wamaRoma ukuba azise uPawulos kuni, nenze ngathi nisafuna ukuncina inyaniso ngaye. Thina ke soba sesilungile, simhlasele simbulale engekafiki kuni.”

16Kodwa weva ngeli yelenqe unyana wodade boPawulos, waza ke waya kungena enqabeni yamajoni, wamxelela ngalo uPawulos.

17UPawulos ubize umphathi-butho, wathi kuye: “Yisa lo mfana kwingqwayi-ngqwayi. Kukho into afuna ukuyixelela yona.”

18Umphathi-butho wamthatha wamsa kwingqwayi-ngqwayi, wafika wathi: “Ndibizwe ngumbanjwa uPawulos, wathi mandize nalo mfana kuwe, kuba kukho into aza kukuxelela yona.”

19Ingqwayi-ngqwayi imbambe ngesandla umfana lowo, yamtsalela bucala, yambuza isithi: “Uze kundixelela ntoni?”

20Uthe umfana: “Iziphathamandla zamaJuda zivumelene ukuba zikucele ngomso, ukhe uthumele uPawulos eBhungeni, zisenza ngathi kukho indawo ebalulekileyo elifuna ukuyiqonda kuye iBhunga.

21Kodwa uze ungavumi ukuyiva loo nto, ngoba kukho amadoda angaphezu kwamashumi amane alalele uPawulos endleleni. Afungile ukuba akayi kutya, engayi kusela, ade ambulale. Nangoku selelungile, elindele ukuba uvume.”

22Ithe ingqwayi-ngqwayi: “Uzungayithethi mntwini into yokuba undixelele ngeli yelenqe.” Yaza yamndulula umfana lowo.

UPawulos uthunyelwa kuFelekis irhuluneli

23Ingqwayi-ngqwayi ithe yabiza abaphathi-mabutho bayo ababini, yathi kubo: “Lungiselelani ukuya eKhesariya ngokuhlwanje ngentsimbi yethoba. Ze nihambe namakhulu amabini amajoni kunye namashumi asixhenxe amajoni

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

akhwele amahashe, kwakunye namakhulu amabini amajoni aphatha iintshuntshe.

24Nithathe namahashe okukhwela, uPawulos nimse kuFelekis irhuluneli engenzakalanga.”

25Ingqwayi-ngqwayi yabhala ileta, yenjenje:

26“UKlawudiyo Lisiya ubulisa ohloniphekileyo uFelekis irhuluneli.

27Le ndoda âyibamba amaJuda eza kuyibulala. Ndivile ukuba ingummi ongumRoma, ndaya kuyihlangula ngamajoni.

28Ndithe ke ngokufuna ukuqonda isityholo abayibeka sona, ndayisa eBhungeni lawo.

29Apho ke kuye kwacaca ukuba ayenzanga tyala lokuba ingagwetyelwa ukufa, nokuba mayivalelwe entolongweni. Isityholo ebekwa sona siphathelele kwimpikiswano ngomthetho wabo.

30Ndithe ke ndakuva ukuba kukho amaJuda azungula ukuyibulala, ndagqiba ukuba ndiyithumele kuwe. Abamangali nabo ndibaxelele ukuba beze kuyimangalela kuwe.”

31Amajoni enza njengoko ayeyalelwe. Amthatha uPawulos kwangobo busuku, aya kufika naye eAntipatri.

32Ngengomso ahamba ngeenyawo abuyela eJerusalem, aza awamahashe ahamba naye.

33Aya kufika naye eKhesariya, ayinika irhuluneli ileta leyo, amnikezela kuyo noPawulos.

34Iyifundile ileta irhuluneli, yambuza uPawulos ukuba wayengowaliphi na iphondo. Yakuva ukuba wayengowaseKiliki

35yathi: “Ityala lakho liya kuthethwa kwakufika abamangali.” Yathi uPawulos makagcinwe ebhotwe likaHerode.

Umsebenzi Wabathunywa 24

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

UPawulos umangalelwa ngamaJuda

1Emva kweentsuku ezintlanu umbingeleli omkhulu uHananiya waya
eKhesariya, ekunye nabadala abathile noTertulo igqwetha. Bavela phambi
kwerhuluneli bemmangalela uPawulos.

2Weziswa uPawulos, waza uTertulo wammangalela wenjenje: “Felekis,
mhlekazi ohloniphekileyo, ukulawula kwakho ngobulumko kuze nethuba
elide loxolo. Nezinye izinto eziyimfuneko zenkqubela siyazibona zisenzeka
kweli lizwe lethu.

3Ngamaxesha onke siyazamkela ezi zinto, futhi sinongazenzisiyo umbulelo
kuwe.

4Andifuni ukulidla ixesha lakho, ngoko ke ndicela ukuba usiphulaphule
ngobulali esi simangalo.

5Lo mfo simfumene engumdodobalisi oyingozi. Uhamba ephemba udushe
phakathi kwamaJuda kulo lonke elimiweyo; futhi uyinkokheli yegqiza
lamaNazarete.

6Samfumana ezama ukunyelisa indlu kaThixo, saza sambamba. [Sasifuna
ukumgweba ngokomthetho wethu,

7kodwa kwafika umphathi-mkhosi uLisiya wamhlutha kakubi.

8ULisiya wayalela ukuba aze kumangalelwa kuwe.] Nawe ngokwakho
ekumvavanyeni kwakho uya kuziqonda uziva ngaye ezi zinto simmangalela
ngazo.”

9NamaJuda asingqina esi simangalo ukuba siyinyaniso.

UPawulos uziphendulela phambi koFelekis

10Irhuluneli yanqwala kuPawulos ukuba athethe, waza wathi: “Ndiyazi ukuba
uneminyaka emininzi ugweba kwesi sizwe; yiyo loo nto ndivuyayo kuba
ndiziphendulela phambi kwakho.

11Nawe unokuyiqonda into yokuba azingaphezu kweshumi elinambini
iintsuku ndayayo eJerusalem ndiye kunqula.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12AmaJuda akandifumananga ndixoxa namntu endlwini kaThixo,
engandifumananga ndiphembelela dushe bantwini ezindlwini zesikhungo,
okanye naphi na apho edolophini.

13Futhi akanabo ubungqina obuphathekayo malunga nezi zinto andityhola
ngazo ngoku.

14Le yona into ndiyayivuma: Ndikhonza uThixo wookhokho bethu
ngokulandela iNdlela le athi wona ayikho mgaqweni. Ndikholwa zizo zonke
izinto ezibhaliweyo encwadini yomthetho kaMosis nasezincwadini
zabashumayeli.

15Ndibambelele ethembeni elinye nabo abamangali, eli lokuba bonke abantu,
abalungileyo nabangalunganga, baya kuvuka ekufeni.

16Ndibe ke ndizama kangangoko ndinako ukuba ndihlale ndingenasazela
nganto phambi koThixo naphambi kwabantu.

17“Ndakha ndangabikho iminyaka emininzi eJerusalem, ndaza emva koko
ndaya khona ndisisela abantu bakowethu imali, futhi ndisiya kwenza
amadini.

18Ndandisendlwini kaThixo apho ke, ukundifikela kwawo amaJuda ekubeni
sendigqibe ukwenza intlambululo. Ndandingekho esiphithi-phithini, futhi
kungekho naqhushululu olo.

19Ayekhona amaJuda athile ephondo laseAsiya; ebefanele ukuba alapha
phambi kwakho andimangalele ngokwawo, xa enendawo ngakum.

20Okanye khawutsho kula madoda axele ukuba andifumana ndinatyala lini na
ngokuya ndandimi phambi kweBhunga.

21Into inye endakhala ngayo naphambi kwawo, ndathi: ‘Ndigwetywa nje
namhlanje, kungenxa yokukholelwa ukuba abafileyo baya kuvuka.’ ”

22Waza ke uFelekis owayeyazi kakuhle iNdlela le, walimisa ityala, wathi:
“Ndiya kuligweba ityala lakho akufika umphathi-mkhosi uLisiya.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

23Wayalela umphathi-butho owayegada uPawulos ukuba amgcine, kodwa angabi ngqongqo, azivumele izihlobo zakhe zimlungiselele.

UPawulos phambi koFelekis noDrusila

24Kwakudlula iintsuku uFelekis wafika noDrusila umkakhe, umJudakazi. Wambiza uPawulos, waza wamphulaphula ethetha ngokholo kuKrestu Yesu.

25Kodwa wahambisa uPawulos echaza ngokuziphatha kakuhle, ukuzeyisa, nangomhla womgwebo, uFelekis watsho woyika wathi: “Ungakhe umke ngoku; ndiya kuphinda ndikubize xa ndinethuba.”

26Wayenethemba lokuba mhlawumbi angahle anyotywe nguPawulos; kungesi sizathu ke wayesoloko emana ukumbiza ancokole naye.

27Emva kweminyaka emibini uPorkiyo Festo waba yirhuluneli endaweni kaFelekis. Ngenxa yokuba uFelekis wayefuna ukuzenza mhle kumaJuda, wamshiya entolongweni apho uPawulos.

Umsebenzi Wabathunywa 25

UPawulos ubhenela kuKhesare

1Akuba ntsuku-ntathu efikile kwelo phondo uFesto, wesuka eKhesariya, wahambela eJerusalem.

2Ababingeleli abaziintloko nabakhokeli bamaJuda, bezisa izityholo kuye ngoPawulos. Bamcenga uFesto

3ukuba ancede amse eJerusalem uPawulos, kuba babefuna ukumlalela endleleni, bamgwinte.

4Wathi uFesto kubo: “UPawulos uselugcinweni entolongweni eKhesariya. Ndibe nam ngokwam ndiza kuya khona kwakamsinyane.

5Iinkokheli zenu ze zihambe nam ukuya eKhesariya, ziye kummangalela khona, ukuba ngaba kukho ityala alenzileyo.”

6Akuba echithe malunga nesibhozo ukuya eshumini leentsuku phakathi kwabo uFesto, wabuyela eKhesariya. Ngengomso xa wayechophele amatyala, uthe makabizwe uPawulos.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Akufika ke uPawulos, amaJuda awayevela eJerusalem athi emngqongile
ambeka izityholo ezinzima, kodwa zazingenabunyaniso xa zizonke.

8UPawulos yena waziphendulela wathi: “Akukho nanye into endiyenzileyo
echasene nomthetho wamaJuda, okanye indlu kaThixo, okanye uKhesare.”

9Ezama ukuzenza mhle kumaJuda, uFesto wathi kuPawulos: “Ungathanda
ukuya eJerusalem ukuze ndilichophele khona ityala lakho ngezi zityholo?”

10Waphendula uPawulos wathi: “Apha ndimi enkundleni kaKhesare, kanye
apho limelwe kukuthethwa khona ityala lam. Akukho nto ndiwone ngayo
amaJuda, njengoko nawe ngokwakho uqonda.

11Ke ukuba umthetho ndiwaphule ndona kangangokuba ndimelwe
kukugwetyelwa ukufa, andinqweneli kuyibaleka nayo loo ndawo. Kodwa ke
ukuba azinabunyaniso izityholo endibekwa zona, akukho bani
unokundinikezela kumaJuda. Ndibhenela kuKhesare.”

12UFesto ukhe wadlana indlebe namaphakathi akhe, wandul' ukuthi
kuPawulos: “Ubhenela kuKhesare; kulungile ke, uza kuya kuKhesare.”

UPawulos phambi koAgripa noBhernike

13Ekuhambeni kwexesha ukumkani uAgripa nowakwakhe uBhernike baya
eKhesariya, beye kuvuyisana noFesto ngokufika kwakhe.

14Emva kweentsuku bekhona uFesto wachazela ukumkani ngemeko
kaPawulos, esithi: “Apha kukho indoda eyashiywa ingumbanjwa nguFelekis.

15Ndithe xa bendiseJerusalem, ababingeleli abaziintloko bamaJuda nabadala
bazisa kum izityholo ngale ndoda ukuba ndiyigwebe.

16Kodwa ndabaxelela ukuba inkqubo yamaRoma ayivumi ukuba umntu
agwetywe engakhange ajongane nabamangaleli bakhe aziphendulele.

17Bathe ke bakuza apha andachitha xesha, ndathi ngengomso ndalichophela
ityala elo, ndathi mayibizwe le ndoda.

18Abamangali bavela bamtyhola, kodwa kungengazo iindawo ezimbi
endandiba bomtyhola ngazo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Kuphela nje yaba yimpikiswano ngonqulo lwabo, nangendoda ethile
eyafayo, egama linguYesu, athi yena uPawulos ihleli.

20Ndithe ngenxa yokungabi nabungqina buphathekayo ngeli tyala, ndaqonda
kuPawulos ukuba akangethandi na ukuba eli tyala liye kuthethwa
eJerusalem.

21Kodwa ke uPawulos usuke wabhenela kuKhesare. Ubone ukuba makahlale
engumbanjwa lide ityala lakhe libe nokuviwa nguMhlekazi ngokwakhe. Ke
ndathi makagcinwe de ndimthumele kuKhesare."

22Wathi uAgripa: "Nam ndingathanda ukukhe ndiyive le ndoda." "Uza kuyiva
ngomso oku," utshilo uFesto.

23Ngengomso uAgripa noBhernike bangena bewongekile apho enkundleni,
benabaphathi-mkhosi namadoda aphambili apho edolophini. UFesto wathi
makubizwe uPawulos, waza ke wangeniswa.

24UFesto wathetha wathi: "Kumkani Agripa, nani nonke nina nikhoyo apha,
le ndoda niyibona apha ikhalazelwa ngawo onke amaJuda, apha
naseJerusalem. Athi ayisafanelanga kudla bomi.

25Kodwa mna andifumananga nto ingáyenza igwetyelwe ukufa. Nangenxa
yokuba yona ngokwayo ibhenele kuKhesare, nam ke ndigqiba ukuba
ndiyithumele kuye.

26Kodwa andikabi nayo inkcazelo ezeleyo endingayenzela uKhesare ngayo.
Kungoko ke ndiyizise apha phambi kwenu, ngakumbi wena, kumkani Agripa,
ukuze sithi emva kokulivavanya eli tyala layo, ndikwazi ukubhala ngalo.

27Kuba kum ayiqondakali into yokuba ndithumele umbanjwa zingacacanga
izityholo abekwa zona."

Umsebenzi Wabathunywa 26

UPawulos uyazithethela phambi koAgripa

1UAgripa wathi kuPawulos: "Uvumelekile ukuzithethelela." UPawulos ke
waphakamisa isandla, wenjenje ukuziphendulela:

© 1996 Bible Society of South Africa.

2“Kumkani Agripa, ndinenyhweba ukuba ndibe ndiza kuziphendulela phambi
kwakho namhlanje, kuzo zonke ezi ndawo ndityholwa ngazo ngamaJuda;

3nangakumbi kuba wena unolwazi ngamasiko amaJuda nezinye iinkcukacha
zobuJuda. Uze undiphulaphule ngenyameko ke.

4“Iyaziwa ngawo onke amaJuda indlela endandiziphethe ngayo kwandiselula.
Ayayazi kwakudala indlela endandihlala ngayo kummandla wakowethu
naseJerusalem.

5Kudala kakade esazi, ukuba angathanda ukuyingqina loo nto, ukuba mna
kwasekuqaleni ndaba lilungu lelona qela lingqongqo kunqulo lwakowethu,
iqela labaFarasi.

6Kungokunje naku ndimi apha, ndize ematyaleni ngenxa yethemba endinalo
kwidinga uThixo âlenza nookhokho bethu;

7kanye elo dinga zililangazelelayo xa zizonke ezi zizwe zakowethu zilishumi
elinambini, njengoko zimnqula uThixo imini nobusuku. Kungenxa yeli
themba ke, mhlekazi, endimangalela nje amaJuda.

8Kungani na ningakholwa nje, maJuda, ukuba uThixo uyabavusa abafileyo?

9“Mna lo ndandiba yinto efanelekileyo ukwenza nayiphi na into, ndilichasa
igama likaYesu waseNazarete.

10Ndandisenza loo nto kanye eJerusalem. Ndandigunyaziswa ngababingeleli
abaziintloko ukuba ndivalele entolongweni abantu bakaThixo abaninzi.
Kwakusithi xa begwetyelwa ukufa, nam ndihambisane neso sigqibo.

11Amaxesha ngamaxesha ndandisiya ezindlwini zesikhungo, ndifike
ndibohlwaye, ndisenzela ukuba bahlukane nokholo lwabo. Ngangengcwangu
endandinayo ngakubo ndandide ndiye kubatshutshisa nakwezikude
iidolophu.”

UPawulos uchaza ngenguquko yakhe
(Mseb 9:1-19; 22:6-16)

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12“Kwakungale njongo ke kanye ukuze ndiye eDamasko, ndinamagunya
endawafumana kubabingeleli abaziintloko.

13Endleleni apho, emini emaqanda, mhlekazi, ndabona ukukhanya
okubengezela ngaphezu kokukhanya kwelanga, kuvela esibhakabhakeni,
kundibengezelela ngeenxa zonke, naloo madoda ndandihamba nawo.

14Xa sisonke sawa phantsi, ndaza ndeva ilizwi lithetha nam ngesiHebhere,
lisithi: ‘Sawule, Sawule, unditshutshisela ntoni? Uyazenzakalisa ngezi nkani
zakho!’

15‘Ungubani, Nkosi?’ ndabuza ndatsho. Yathi iNkosi: ‘Mna ndinguYesu, lo
umtshutshisayo.

16Vuka ume ngeenyawo. Ndibonakala kuwe ngesi sizathu sokuba ndikumisele
ube sisicaka sam, ungqine kwabanye abantu ngokundibona kwakho
namhlanje, nangezinto endisaza kukubonisa zona.

17Ndikuhlangula kumaSirayeli nasezintlangeni; phofu ndikuthuma kwakuzo,

18ukuba uvule amehlo azo, uziguqule ziphume ebumnyameni, zize
ekukhanyeni, ziphume egunyeni likaSathana, zize kuThixo, ukuze zithi
ngenxa yokuzinikela kum zixolelwe izono zazo, futhi zizuze indawo phakathi
kwabantu bakaThixo abanyuliweyo.’ ”

UPawulos uchaza ngomsebenzi wakhe

19“Ngoko ke, kumkani Agripa, ndawuthobela umbono lowo wawuvela
ezulwini.

20Ndaqala eDamasko ndaya eJerusalem, nakuwo wonke umhlaba
wakwaJuda, nakweleentlanga, ndashumayela ukuba baguquke, beze kuThixo,
benze izinto ezibonakalisayo ukuba baguqukile.

21Sesi sizathu ke esabangela ukuba amaJuda andihlasele endlwini kaThixo,
efuna ukundibulala.

22Kodwa kude kwayile mini uThixo endinceda; nangoku ndimi apha
ndingqina kubo bonke, abaphakamileyo nabaphantsi ngokufanayo. Le nto

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ndiyithethayo ikwayiloo nto bayithethayo abashumayeli bamandulo kwakunye noMosis,

23le yokuba uKrestu umelwe kukuva ubunzima, aze abe ngowokuqala ukuvuka kwabafileyo, avakalise ukuvela komsobomvu wosindiso kumaJuda nasezintlangeni. ”

UPawulos ushumayeza uAgripa

24Wathi uPawulos esazithethelela njalo, uFesto wakhwaza wathi: “Uphambene, Pawulos! Imfundo eninzi iyakuphambanisa!”

25UPawulos waphendula wathi: “Andiphambananga, mhlekazi Festo; la mazwi ndiwathethayo ayinyaniso, futhi ngawengqondo.

26Mhlekazi Agripa, ndingathetha phandle nawe, kuba wena uyazazi ezi zinto. Ndiqinisekile ukuba waziqaphela xa zizonke, kuba le nto ayizange ifihlakale ukwenzeka kwayo.

27Kumkani Agripa, uyakholwa ludaba lwabashumayeli bamandulo? Kambe ndiyazi ukuba uyakholwa!”

28Wathi uAgripa kuPawulos: “Kwangoku sowufuna ukundenza umKrestu nam?”

29UPawulos waphendula wathi: “Nokuba kukwangoku, nokuba kukade, ngumthandazo wam ukuba ingabi nguwe wedwa, kodwa ibe ngabo bonke abandiphulaphuleyo namhlanje, babe njengam; kodwa ke noko bona bangakhonkxwa.”

30Waza ke ukumkani, irhuluneli, noBhernike, nabo bonke ababelapho, baphakama,

31baza xa bemkayo wathi omnye komnye: “Le ndoda ayenzanga nto engade ibulawe okanye ifakwe entolongweni ngenxa yayo.”

32Wathi uAgripa kuFesto: “Le ndoda ngeyikhululwa ukuba ibingabhenelanga kuKhesare.”

Umsebenzi Wabathunywa 27

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

UPawulos usiwa eRoma ngenqanawa

1Kwakuba kugqityiwe ukuba sisiwe ngenqanawa eItali, uPawulos ekunye namanye amabanjwa banikelwa kuJuliyo, owayengumphathi-butho lomkhosi ekuthiwa libutho likaKhesare.

2Sangena enqanaweni eyayivela eAdramita, iza kunduluka iye kwizikhululo-nqanawe zephondo laseAsiya, sahamba ngayo. Wayekunye nathi uAristarko waseTesalonika, ekummandla waseMakedoni.

3Sagaleleka eSidon ngemini elandelayo. UJuliyo wamphatha ngobubele uPawulos, wamvumela ukuba aye kubona abalingane bakhe, khon' ukuze bamtende.

4Sanduluka apho, sathi kuba umoya wawusityhala uvela ngaphambili, sahamba ngecala langasempuma yeSipro, elalingenamoya.

5Sacanda kulwandle olungaseKiliki nasePamfili, saya kungena eMira kummandla waseLikiya.

6Apho umphathi-butho wafumana inqanawa eyayiza kuya eItali, ivela eAlesandriya, sangena kuyo.

7Sahamba iintsuku icotha inqanawa, sada emva kokuhamba nzima kakhulu, saya kufika ngakwidolophu iKinido. Umoya awusivumelanga ukuba sihambe ngqo ngaloo ndlela, saza ke sehla ngecala elingenamoya elikumzantsi weKrete, saya kudlula ngaseSalimone.

8Salugudla unxweme, sihamba nzima, saya kungena kwindawo ekuthiwa ngamaChweba aMahle, eyayingekude kwidolophu iLaseya.

9Sahlala ixesha elide apho, kwada kwacaca ukuba koba yingozi ukuqhubela phambili ihambo yethu, kuba kwakusekudlule nomhla wamaJuda wozilo ekwindla. Ke ngoko uPawulos wenza esi silumkiso:

10“Madoda, ndibona ukuba luza kuba nengozi uhambo lwethu ukusuka apha. Umthwalo uza konakala kakhulu, nenqanawa yaphuke, kufe nabantu.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Kodwa umphathi-butho zange ayihoye le ntetho kaPawulos, wasuka weva into ethethwa ngumphathi woomatiloshe, nomnini-nqanawa.

12Isikhululo-nqanawa eso sasingàkulungele ukuba kungáchithwa ubusika kuso, lwaye uninzi lwamadoda lufuna ukuba kungenwe elwandle, kulingwe ukuya kufika eFenike, ukuba kwakunokwenzeka. Esi sikhululo-nqanawa saseKrete, siziwa ngumoya wasemzantsi-ntshona kunye novela emntla-ntshona, kwakunokuhlalwa kuso ebusika.

Uqhwithela elwandle

13Kwavela umoyana ngasezantsi, aza amadoda acinga ukuba angalilinga iqhinga lawo. Bayitsalela enqanaweni iankile, baza ke bayiqhuba inqanawa begudle unxweme lwaseKrete.

14Kodwa kwakamsinyane kwabakho umoyakazi ekuthiwa nguMntla-mpuma, uvela ngasesiqithini apho.

15Wayintlitha inqanawa; kwathi kuba yayingenakuqhutywa ijonge ngqo emoyeni inqanawa, asabi salinga, sasuka sayiyeka yadudulwa ngumoya.

16Safumana indawo esithileyo ukudlula kwethu emazantsi esiqithana iKhawuda. Salitsalela enqanaweni apho iphenyana kunzima.

17Oomatiloshe balibophelela, baza bayiqamangela ngentsontela inqanawa. Babesoyika ukuba bangaxinga enyeleni yonxweme xa bedlula ngaseLibhiya. Bayithoba ke iseyile ukuze inqanawa ityhalwe ngumoya.

18Lwavuthuza njalo uqhwithela, baza ngengomso baqala bawulahlela elwandle umthwalo.

19Kwathi ngolwesithathu usuku bazilahla ngezandla zabo iimpahla zenqanawa.

20Yaba ziintsuku ezininzi singenakulibona ilanga neenkwenkwezi, yaye uqhwithela lona lusitsho ukuvuthuza. Ekugqibeleni sancama ukuba singásinda.

© 1996 Bible Society of South Africa.

21Emva kwexesha elide amadoda lawo engatyi, waphakama uPawulos wathi:
“Madoda, ukuba nanindivile asemka eKrete, ngesiwuphephile wonke lo
monakalo nale lahleko ingaka.

22Kodwa ke qinani, ndiyanibongoza! Kuba akukho bani uza kuphulukana
nobomi bakhe; yinqanawa yodwa eza konakala.

23Kuba phezolo isithunywa sikaThixo, lo ndingowakhe ndimnqulayo, sifike
kum,

24sathi: ‘Sukoyika, Pawulos! Uza kuma phambi koKhesare. UThixo
ngokulunga kwakhe uza kubasindisa bonke aba uhamba nabo.’

25Ngoko ke, madoda, qinani; kuba ndimthembile uThixo ukuba uya kwenza
njengoko andixeleleyo.

26Kodwa ke siya kududulwa siye kuphoswa kunxweme lwesiqithi esithile.”

27Yayibubusuku beshumi elinesine sidudulwa luqhwithela kuLwandle
lweAdriya. Kwathi malunga phakathi kobusuku, oomatiloshe bakrokrela
ukuba asikude emhlabeni.

28Baphosa intambo ebotshelelwe intsimbi emanzini, belinganisa ubunzulu
bamanzi, baza bafumana ingamashumi amathathu anantandathu eemitha
ubunzulu. Baphinda emva koko, baza bafumana amashumi amabini
anesixhenxe eemitha.

29Bathi ngenxa yokuba besoyika ukuba isuke inqanawa yethu iphoseke
ematyeni, bazithoba zane iiankile esinqeni senqanawa, sebelangazelela ukuba
kuse.

30Oomatiloshe bazama ukuzímela, bathobela iphenyane emanzini, bezenza
ngathi ba-ankila umphambili wenqanawa.

31Kodwa wathi uPawulos kumphathi-butho: “Ukuba oomatiloshe abahlali
apha enqanaweni, aninakusinda.”

32Asuka ke amajoni azinqumla iintsontela ezazibambe iphenyane, laza lona
lawa emanzini.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

33Ekuseni uPawulos wabacenga ukuba batye, esithi: “Ngoku lishumi elinesine
leentsuku nilindile, ningasafaki nento le etyiwayo emlonyeni.

34Ndiyanibongoza, yityani. Niya kuncedwa kukutya kule ngozi. Anisayi
kulahlekelwa nalunwele olu.”

35Akuba etshilo uPawulos, wathatha isonka, wabulela kuThixo, watya
phambi kwabo.

36Bomelezeka ke, baza bathatha ukutya, batya bonke.

37Sasingamakhulu amabini anamashumi asixhenxe anesithandathu sisonke.

38Bakuba betyile, bawuphungula umthwalo wenqanawa ngokuphosa
ingqolowa elwandle.

Ukutshona kwenqanawa

39Kwakuba kusile oomatiloshe babona unxweme abangalunakananga
kakuhle, kodwa baqaphela indawo enentlabathi, baza bazimisela ukuya
kuyimisa khona inqanawa xa benako.

40Ngoko ke bazinqumla iiankile, zasala elwandle, kwangelo xesha linye
bazikhulula neentsontela ezazibambe amaphini okugwedla. Bayiphakamisa
iseyile ekumphambili wenqanawa, ukuze umoya uyiqhubele phambili
elunxwemeni inqanawa.

41Kodwa inqanawa yasuka yabaleka yaya kungena endulini yesanti ephantsi
kwamanzi; umphambili wenqanawa wagxumekeka apho waxinga
awashukuma, isinqe senqanawa sona santlithwa saziingceba ngamaza
alwayo.

42Amajoni wona aceba ukuwabulala amabanjwa, ukuze angadadi azimele.

43Kodwa umphathi wawo, efuna ukusindisa uPawulos, wawanqanda.
Endaweni yaloo nto wathi amadoda akwaziyo ukudada makangene emanzini,
adadele elunxwemeni;

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

44baze abaseleyo balandele, bedada ngamaplanga, nangezinye izinto ababenokuzifumana. Xa sisonke ke sasinda ngaloo ndlela, saya kufika elunxwemeni singenawo nomkrwelo.

Umsebenzi Wabathunywa 28

UPawulos esiqithini saseMalta

1Ekubeni sisindile safika apho esiqithini, safumana ukuba igama laso yiMalta.

2Abantu balapho basenzela ububele. Yana imvula, kwaza kwabanda kakhulu. Ke kaloku abantu balapho basibasela umlilo, bebonisa ukusamkela kwabo.

3UPawulos waqokelela ibathwana leenkuni, kwathi xa abasayo kwaphuma inyoka apho emlilweni, isiva ubushushu, yaza yamluma esandleni.

4Abantu balapho bathi bakuyibona inyoka ijinga esandleni sikaPawulos bathi omnye komnye: “Lo mntu kucaca ukuba usisigebenga; nakuba esindile nje elwandle, akanakusinda kwimpindezelo kaThixo.”

5Wasuka yena uPawulos wayivuthulula yawa emlilweni apho inyoka leyo, yena akenzakala konke.

6Bona babelindele ukuba adumbe, okanye asuke afe. Kodwa emva kokulinda ithuba elide bengaboni nto ingaqhelekanga kuye, baziguqula iingcinga zabo, bathi unguthixo.

7Mganyana nje ukusuka apho kwakukho amasimi kaPubliyo inkosi yeso siqithi. Wasamkela ngobubele, saza saziindwendwe zakhe iintsuku ezintathu.

8Uyise kaPubliyo wayelele enomkhuhlane nesisu segazi. Waza uPawulos waya kuye, wamthandazela, wambeka izandla, waphila.

9Akuba emphilisile, kwatsho kweziswa bonke abantu abagulayo beso siqithi, baphiliswa nabo.

10Basinika izipho ezininzi, baza xa sihambayo basiphathisa izinto ezaziyimfuneko eluhambeni.

Ukusuka eMalta ukuya eRoma

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Emva kweenyanga ezintathu sanduluka apho ngenqanawa eyayichithe
ubusika esiqithini apho, isuka eAlesandriya. Igama layo kwakusithiwa
yiDiyoskuri.

12Saya kufika edolophini yaseSirakuse, saza sahlala khona iintsuku ezintathu.

13Ukusuka apho sahamba saya kufika edolophini yaseRegiyo. Ngengomso
kwabhudla umoya wangasezantsi, saza emva kweentsuku ezimbini saya
kufika kwidolophu yasePutoli.

14Apho ke safumana amakholwa, aza asicela ukuba sichithe iveki apho kuwo.
Emva koko ke saya kufika eRoma.

15Amakholwa aseRoma eva ukuba siyeza, aza amanye asihlangabeza
eApiyaforo, amanye ke adibana nathi eTritabherne. Akuwabona uPawulos,
wambulela uThixo, waza wakhuthazeka.

UPawulos eRoma

16Sakufika eRoma, wavunyelwa ukuba azihlalele endlwini yakhe uPawulos,
kubekho ijoni elimgadileyo.

17Emva kweentsuku ezintathu, uPawulos wawabizela entlanganisweni
amaJuda aziintloko alapho. Akuba ehlanganisene, wathi: “Mawethu, nakuba
ndingabonanga nganto nje abantu bakowethu, ndingawatyeshelanga
namasiko ookhokho, ndabanjwa kambe eJerusalem, ndaza ndanikelwa
kumaRoma.

18Andincina, aza afuna ukundikhulula, akungafumani tyala ndingabulawa
ngenxa yalo.

19Kodwa amaJuda aluchasa olu luvo, ndaza ke ndanyanzeleka ukuba
ndibhenele kuKhesare, nangona ndandingenasimangalo ndingasenzayo
ngakubantu bakowethu.

20Yiyo le nto ndinibizele ukukhe ndinibone, ndithethe nani. Eneneni
ndibanjiwe nje, kungenxa yalowo ulithemba lamaSirayeli.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21Athe ke ukumphendula amaJuda: “Asikhange sifumane zileta ngawe zivela kwaJuda; akukhange kubekho namaJuda eza neendaba ngawe; kungakhange kubekho nanto imbi ithethwe ngawe.

22Kodwa ke singathanda ukuziva izimvo zakho, kuba siyazi ukuba kuyo yonke indawo liyachaswa eli qela uhambisana nalo.”

23Bavumelana ngosuku noPawulos, kwaza ngaloo mini bafika bebaninzi apho wayehlala khona uPawulos. Waqala kwakusasa kwada kwahlwa ecacisa, ebachazela ngokuthwasa kolawulo lukaThixo. Wazama ukuboyisela kuYesu ngokucaphula kumthetho kaMosis nakwiincwadi zabashumayeli bamandulo.

24Abanye babo boyisakala ngamazwi akhe, abanye àbakholwa noko.

25Bemka ke bephikisana bodwa, akuba uPawulos ethe kubo: “Wathetha kakuhle kambe uMoya oyiNgcwele ngomshumayeli uIsaya kooyihlo-mkhulu,

26xa wathi: “ ‘Yiya uthi kwaba bantu: Nàkuphulaphula niphulaphule, ningaqondi noko; nàkujonga nijonge, ningaboni nto.

27Kuba ingqiqo yaba bantu ibuthuntu, bazivingcile iindlebe zabo, bawavala namehlo abo. Kungenjalo bebeya kubona, beve ngeendlebe zabo, baqonde ngeengqondo zabo, baze babuyele kum, ndize ndibaphilise;’ utsho uThixo. ”

28UPawulos wenjenje ukuyiphetha intetho yakhe: “Ngoko ke yazini ukuba udaba lukaThixo olungosindiso lusiwa ezintlangeni. Ziya kuluva zona.”

[29Emva kokuba uPawulos etshilo, emka amaJuda, ehamba exambulisana odwa.]

30Yaba mibini iminyaka uPawulos ehlala endlwini ayiqeshileyo, ezamkela ngobubele zonke iindwendwe zakhe.

31Wayeshumayela ngokuthwasa kolawulo lukaThixo, efundisa iindaba ezingeNkosi uYesu Krestu, ethetha ngesibindi, engathintelwa nto.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

KwabaseRoma

KwabaseRoma 1

Isingeniso

1Kubhala mna Pawulos, umkhonzi kaYesu Krestu, umthunywa owabizwayo,
wamiselwa ukuvakalisa iindaba ezimnandi zikaThixo.

2Ezi ndaba uThixo wathembisa ngazo kwangaphambili ngabashumayeli
bakhe eziBhalweni eziNgcwele.

3Ezi ndaba ke zibhekiselele kuNyana wakhe, owazalwa engowomlibo
kaDavide ngokobuntu,

4waza ngamandla oMoya oyiNgcwele wabonakaliswa ngesiganeko sokuvuka
kwabafileyo ukuba unguNyana kaThixo. Lo Nyana kaThixo nguYesu iNkosi
yethu;

5endathi ngaye ndenzelwa isisa sokuba ngumthunywa ngenxa yakhe, ukuze
ndikhokelele izizwe zonke ekukholweni nasekumthobeleni;

6eniphakathi kwazo nani, nina babiziweyo bakaYesu Krestu.

7Kuni nonke, bathandwa bakaThixo abaseRoma, nina nibiziweyo naba
ngabakaThixo, ndithi: Makube lubabalo noxolo oluvela kuThixo uBawo
wethu, neNkosi uYesu Krestu.

UPawulos ulangazelela ukuya eRoma

8Kuqala ke, ndiyambulela uThixo wam ngoYesu Krestu ngenxa yenu nonke,
kuba ukholo lwenu ludumile kulo lonke ihlabathi.

9Kaloku uThixo endimkhonzayo ngomxhelo wam ngokushumayela iindaba
ezimnandi zoNyana wakhe, uyandingqinela ukuba ndihlala ndinikhumbula.

10Ndiyakhunga emithandazweni yam, ukuba uThixo angáde ngokwentando
yakhe andiphumelelise ukunihambela.

11Kaloku ndilangazelela ukunibona, ukuze ndinabele siphiwo sithile
kwezoMoya, ukuze nomelezeke.

© 1996 Bible Society of South Africa.

12Ndithetha ukuthi nina kunye nam sivuseleleke: nina ngokholo lwam, nam ke ngokholo lwenu.

13Ngoko ke, mawethu, ndifuna ukuba niyiqonde into yokuba kudala ndazimisela ukunihambela, kodwa ndaba soloko ndithintelwa kwada kwanamhla. Bendifuna ziqhamo zithile zeendaba ezimnandi naphakathi kwenu, kwanjengaphakathi kwezinye iintlanga.

14Kaloku ndimelwe kukushumayela kubo bonke: kwabaphucukileyo nakwabangaphucukanga, kwizilumko nakwabangaziyo.

15Ngenxa yoko ke ndingxamele ukuzishumayela iindaba ezimnandi nakuni baseRoma.

Amandla eendaba ezimnandi

16Andinazintloni ngazo iindaba ezimnandi zikaKrestu. Zingamandla kaThixo okusindisa bonke abakholwayo, umJuda kuqala, kwanowolunye uhlanga ngokunjalo.

17Ngezi ndaba zimnandi kaloku kutyhilwa indlela uThixo asenza amalungisa ngayo: kungokholo qha, njengoko zitshoyo neziBhalo ukuthi: “Ngokholo lwakhe olilungisa uya kudla ubomi.”

Isono soluntu

18Ingqumbo kaThixo ibonakala ivela ezulwini. Yona ichasene naso sonke isono nokungalungisi kwabantu abayithintelayo inyaniso ngokona.

19Unobangela wale ngqumbo kukuba oko kunokwaziwa ngoThixo kucacile kubo, kuba uThixo wakubonakalisa kubo ngokwakhe.

20Kaloku imo engabonwayo kaThixo – ndithetha amandla akhe angapheliyo kwanobuThixo bakhe – ibonakala kakuhle kwasekudalweni kwehlabathi. Kaloku iqondakala ngezinto azenzileyo uThixo. Ngenxa yoko abantu abanasiphephelo mpela.

© 1996 Bible Society of South Africa.

21Bayamazi uThixo, kodwa abamdumisi ngokumfaneleyo, abambuleli nokumbulela. Basuke baba ngabacinga izinto ezingento, yaza ingqiqo yabo yamfiliba.

22Bazicingela ukuba bazizilumko, ukanti baziziyatha.

23Bashiye ubuqaqawuli bukaThixo ongafiyo, baya kukhonza umfanekiso womntu ofayo, noweentaka, nowezilo ezizitho zine, nowezilo ezirhubuluzayo.

24Kungoko athe uThixo, ngenxa yeminqweno yeentliziyo zabo, wabanikela kwiintlondi zabo, ukuba bahlazisane ngemizimba yabo.

25Aba bantu ke bagqwethe inyaniso kaThixo ngobuxoki. Bahlonela isidalwa, basikhonze, baze bamlibale uMdali, yena ongowokubongwa ngonaphakade. Amen.

26Ngenxa yoko ke, uThixo ubanikele ezinkanukweni ezilihlazo. Ewe, nditsho namabhinqa la abo ayalalana ngokuchasene nendalo yemizimba yawo.

27Kwangokunjalo namadoda akuyekile ukulala namabhinqa, aza atshiswa kukukhanukana. Amadoda enza amanyala kwamanye amadoda, aze ke afumane isohlwayo esiwafaneleyo, esiyimbuyekezo yokulahleka kwawo.

28Ekubeni ke bengakukhathalelanga ukuhlala bemazi uThixo, yena wabayekela kwezo ngcinga zabo zingcolileyo, baza benza izinto ezingafanelekanga.

29Bagqithisile ukukhohlakala nokona, ukubawa nokwenza ububi. Bazele ngumona nobugebenga, luchuku nenkohliso nentiyo. Bayahleba,

30bayangcikivana, bamthiyile uThixo, bathanda ukulwa, banekratshi, bayaqhayisa, benza ububi, ababathobeli abazali.

31Abanangqondo, abathembeki, abanabubele, abananceba.

32Bayawazi ummiselo kaThixo wokuba abo bazenzayo izinto ezinjalo bafanelwe kukufa; kodwa abaneli nje kukuzenza ezi zinto, koko basuka babakhuthaze nabo bazenzayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

KwabaseRoma 2

Ukugweba kukaThixo

1Nakuwe ke mntundini ugwebayo, nokuba ungubani, amatyholo aphelile.
Ewe, ngokugweba omnye, uzigweba ngokwakho. Kaloku wena ugwebayo,
wenza kwaezo zinto ugweba omnye ngazo.

2Siyazi ke ukuba uThixo ubagweba ngokufanelekileyo abo benza izinto
ezingalunganga.

3Wena kanye, mntundini ubagwebayo abo bazenzayo izinto ezinjalo, wenza
kwaezo zinto. Uba ke wena uThixo akayi kukugweba na?

4Okanye ubudelile ububele bakhe obukhulu, nokunyamezela kwakhe, nokuza
kade komsindo wakhe? Akwazi na ukuba bububele bukaThixo obukusa
enguqukweni?

5Ngenxa yokuba unentliziyo elukhuni, ungaguquki, uzibizela ingqumbo
ngemini yengqumbo. Ngaloo mini iya kucaca indlela agweba ngayo uThixo.

6Ngaloo mini uThixo uya kuvuza elowo nalowo ngokwemisebenzi yakhe.

7UThixo ubavuza ngobomi obungonaphakade abo banomonde ekwenzeni
imisebenzi emihle, belangazelela isidima newonga nokungafi.

8Kanti ke uza ngomsindo nengqumbo kwabo banenkani, bayityeshelayo
inyaniso ngokungalungisi.

9Kuya kubakho imbandezelo nobunzima kubantu bonke abenza okubi,
kumJuda kuqala kwanakowolunye uhlanga ngokunjalo.

10Kuya kubakho isidima newonga noxolo kubantu bonke abenza
okulungileyo, kumJuda kuqala kwanakowolunye uhlanga ngokunjalo.

11Kaloku uThixo akanamkhethe.

12Bonke abonileyo bengekho phantsi komthetho kaMosis, baya kutshabalala
bengaphandle kwawo; nabo bonke abonileyo bephantsi komthetho kaMosis,
baya kugwetywa ngawo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

13Kaloku abantu abalungileyo ngokukaThixo asingabo abo bawuva nje umthetho bangayenzi into oyithethayo. Ngabo bayenzayo into eyalelwa ngumthetho abangamalungisa.

14Abantu abangengomaJuda àbanawo umthetho kaMosis; kodwa xa bathe ngokwemvelo bahamba ngokomthetho, bangumthetho ngokwabo, nangona bengenawo umthetho kaMosis.

15Ukuziphatha kwabo kubonakalisa ukuba ngemvelo bayakwazi okusemthethweni. Nezazela zabo ziyakungqina oku, kuba ngamanye amaxa ziyabagweba, zize ngawambi zibagwebele.

16Ngokweendaba ezimnandi endizishumayelayo kuya kuba njalo mhla uThixo aya kuzigweba ngoYesu Krestu nezinto abazifihlayo abantu.

AmaJuda nomthetho kaMosis

17Uyabona wena unegama lobuJuda, wayame ngomthetho kaMosis; uqhayisa ngoThixo;

18uyayazi intando kaThixo; ukhonjiswe okulungileyo ngumthetho.

19Kananjalo wena ukholose ngokuthi ungumkhokeli weemfama, ulukhanyiso lwâbo basebumnyameni,

20umkhokeli weziyatha, umfundisi weentsana, kuba unawo umthetho ofumbethe ulwazi nenyaniso.

21Ndithi wena ke umfundisayo omnye, akuzifundisi ngani wena? Wena uthi makungebiwa, ubelani?

22Wena uthi makungakrexezwa, ukrexezelani? Wena ukruqukileyo zizithixo, ubelani ezindlwini zonqulo?

23Wena ke uziqhayisayo ngokuba unomthetho, umhlaziselani uThixo ngokuwaphula umthetho?

24“Kuba igama likaThixo linyeliswa ngenxa yenu phakathi kweentlanga,” njengoko zitshoyo iziBhalo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

25Ulwaluko luyanceda okunene ukuba uyawugcina umthetho kaMosis. Kodwa
ukuba uyawaphula umthetho, ulwaluko lusuka lufane nokungaluki.

26Ukuba umntu ongalukanga uyayigcina imimiselo yomthetho, uThixo uya
kuthi ukungaluki kwakhe kukwaluka.

27Nina maJuda, nangona nalukileyo, ninawo umthetho eziBhalweni, nibe
noko ningawenzi, niya kugwetywa ziintlanga ezithe zingalukanga nje
zawugcina umthetho.

28UmJuda asingomJuda ngokwangaphandle, nolwaluko asilulo olo
lwangaphandle enyameni.

29UmJuda ngulowo ungumJuda ngokwangaphakathi, nolwaluko lolwentliziyo
ngoMoya kaThixo, kungabi ngammiselo nje. Umntu onjalo ke ukholekile
kuThixo, nangona angànconywayo ngabantu.

KwabaseRoma 3

1Ungcono ngani na ke umJuda? Lunceda ntoni ke lona ulwaluko lwakhe?

2Lulunge kakhulu, ngeendlela zonke. Okokuqala uThixo ugcinise udaba
lwakhe kuwo amaJuda.

3Kuya kuthini ke ukuba athile kuwo akakholwanga? Ngaba uThixo uya kuthi
ngokungathembeki kwawo angathembeki naye?

4Nakanye! UThixo yena uhlala enyanisekile, nangona bangade bonke abantu
babe ngamaxoki, njengoko iziBhalo zitshoyo ukuthi: “Umelwe kukubonakala
ngamazwi akho ukuba uthembekile, woyise ekuthethweni kwetyala lakho.”

5Xa ukungalungisi kwethu kucacisa ukulungisa kukaThixo, siya kuthini ke?
Ngaba sinokuthi akalungisi uThixo xa abonakalisa umsindo wakhe, ngabula
thina bantu?

6Nakanye! Ukuba ebengelolungisa uThixo, ebengaligweba njani ihlabathi?

7Ukuba ke ngokuxoka kwam inyaniso kaThixo idandalaza ngakumbi ukuze
sicace isidima sakhe, ndisagwetyelwani na ke ngokomoni?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Yini na ke ukuba singabi sesisithi: “Masenze okubi, ukuze kuvele okulungileyo”? Kakade abathile bandinyelisa besithi nditsho! Abo batshoyo baya kugwetywa ngokubafaneleyo!

Akukho mntu ulungileyo

9Ke, ngaba thina maJuda silungile na kunabanye? Hayi, nakanye! Kaloku sendiwatyholile amaJuda kwanabezinye iintlanga ndisithi basesonweni bebonke,

10njengoko iziBhalo zitshoyo ukuthi: “Akukho namnye ulilungisa;

11akukho mntu uqondayo; akukho umfunayo uThixo!

12Bonke bamfulathele; akukho yabo xa bebonke. Akukho wenza okulungileyo; hayi namnye!

13Yinto ebolileyo intetho yabo; ngeelwimi zabo bahlala bekhohlisa. Amazwi emilebe yabo abubuhlungu benyoka;

14umlomo wabo uzele zizishwabulo ezikrakra.

15Bakungxamele ukuphalaza igazi;

16yimbuqe nosizi emkhondweni wabo;

17yona indlela yoxolo abayazanga;

18ewe, abamoyiki konke uThixo.”

19Siyazi ke ukuba konke okuthethwa ngumthetho, kuwiselwa abaphantsi komthetho; ukuze bonke basikwe umlomo, nehlabathi lonke lifumaneke linetyala kuThixo.

20Kaloku akukho mntu uya kuba lilungisa kuThixo ngakugcina kwakhe umthetho; into eyenziwa ngumthetho kukwazisa abantu ngesono.

Ubulungisa bungokholo kuKrestu

21Ngoku ke indlela uThixo abalungisa ngayo abantu ibonakalisiwe, ingeyiyo eyomthetho. Kambe ke iyangqinelwa ngumthetho kaMosis nangabashumayeli bamandulo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

22Yona kukukholwa nokuzinikela kuYesu Krestu. UThixo ubenza amalungisa
bonke abakholwayo kuYesu, kuba akanamkhethe.

23Kaloku bonke bonile; bayalabalaba kubuqaqawuli ababulungiselelwe
nguThixo.

24Kanti ke uThixo uyabababala abantu; ubenzela isisa: nangona
bengafanelanga ubagwebela ngaye uYesu Krestu obakhululayo.

25UThixo wammisela uYesu ukuba abe lidini lokungxengxezela izono
zabakholwayo. Ukufa kwakhe yindlela uThixo abenza ngayo amalungisa
abantu. Kumaxesha adlulileyo uThixo wazibamba akabagweba aboni;

26kodwa ke namhlanje akasayenzi loo nto – ngoku walatha indlela abenza
ngayo amalungisa. Ngale ndlela ke uThixo utyhila ubulungisa bakhe, emenza
abe lilungisa wonke okholwayo kuYesu.

27Kukho nto singaziqhayisa ngayo ke? Hayi, ayikho. Ngasizathu sini na? Kuba
sigcina umthetho kaMosis? Hayi, ngenxa yokuba sikholwa.

28Kuba kaloku sigqibe kwelithi uThixo wenza abantu babe ngamalungisa
ngokholo, kungengakuthobela kwabo umthetho.

29Kanene uThixo ungowamaJuda odwa na? Akanguye na owezizwe nazo?
Ewe, ngowazo nazo.

30Kaloku uThixo mnye kuphela; ugwebela amaJuda ngokukholwa kwawo,
nezizwe azigwebele ngokukholwa kwazo ngokunjalo.

31Ngaba ke siyawutshitshisa umthetho kaMosis ngokukholwa? Nakanye!
Siyawuxhasa.

KwabaseRoma 4

Umzekelo ka-Abraham

1Sithini na ke ngobawo uAbraham esiyinzala yakhe?

2Ukuba ebenziwe ilungisa ngenxa yokufezekisa kwakhe umthetho,
ebengaqhayisayo; kodwa ngoku akanandlela yakuqhayisa phambi koThixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Zithini kanene iziBhalo? Zithi: “UAbraham wakholwa kuThixo, waza ngenxa
yoko wabalelwa ekubeni lilungisa nguThixo.”

4Kaloku umntu osebenzayo wamkela umvuzo oyimfanelo yakhe, ungesiso
isipho.

5Ke umntu ongathembelanga misebenzini yakhe, koko okholwa kuThixo
ogwebela umoni, uba lilungisa phambi koThixo.

6Unoyolo ke umntu othe waba lilungisa phambi koThixo,
engakusebenzelanga oko. Lolu yolo ke uDavide aluncomayo xa athi:

7“Hayi uyolo lwabaluxolelweyo ukreqo lwabo nguThixo, abazono zabo
zingcwatyiweyo.

8Unoyolo lowo ithe iNkosi ayazibalela kuye izono zakhe.”

9Ngaba olu yolo lolwamaJuda kuphela? Hayi, lukwalolwazo neentlanga, kuba
iziBhalo zithi: “UAbraham wakholwa kuThixo, waza ngenxa yoko wabalelwa
ekubeni lilungisa nguThixo.”

10Waba lilungisa nini? Kwakungaphambi kokwaluka kwakhe okanye emva
kwako? Kwakungaphambi kokwaluka kwakhe.

11Kaloku wathi engekaluki uAbraham, ekholwa kodwa, wabalelwa ekubeni
lilungisa nguThixo; waza waluka emva koko. Olu lwaluko ke lwaba luphawu
olusisiqinisekiso sobulungisa bakhe. Ngale ndlela ke uAbraham nguyise wabo
bonke abathe bakholwa kuThixo, baza benziwa amalungisa nguye nangona
bangalukanga.

12Ukwanguyise wabalukileyo abanganelanga kwaluka nje, kodwa abathe
ngokukholwa kuThixo bahamba ekhondweni lika-Abraham, owakholwa
engekaluki.

Isithembiso sikaThixo kwabakholwayo

13UThixo wathembisa uAbraham nenzala yakhe ukuba ihlabathi baya
kulima. Esi sithembiso asenziwanga ngakuba ethe wathobela umthetho

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

kaMosis, kodwa wathenjiswa ngenxa yokuba wakholwa, waza wabalelwa ekubeni lilungisa nguThixo.

14Kaloku ukuba ilifa lifunyanwa kuphela ngâbo bawuthobelayo umthetho, ukukholwa koba kwenziwe into engento, nesithembiso eso singaba sitshitshisiwe.

15Ingqumbo kaThixo kaloku ibangwa kukwaphulwa komthetho wakhe; kodwa apho ungekhoyo umthetho akukho kwaphulwa kwamthetho.

16Ngoko ke ilifa lifunyanwa ngokukholwa, oko kukuthi ngesisa. Ngale ndlela isithembiso simiselwe yonke inzala ka-Abraham. Le nzala ke asingabo nje abo bawugcinayo umthetho, kodwa ikwangâbo bakholwayo njengaye. Kaloku uAbraham ngubawo wethu sonke,

17njengokuba zisitsho iziBhalo ukuthi: “Ndikwenze uyise wezizwe ezininzi.” KuThixo ke uAbraham ngubawo wethu sonke; lo Thixo uAbraham athe wakholwa kuye; lo Thixo unika abafileyo ubomi; lo Thixo uthetha ngelizwi zitsho izinto ezingekabikho zibekho.

18UAbraham wakholwa, wathemba, naxa ithemba lalingekho. Wakholwa okokuba woba “nguyise wezizwe ezininzi,” njengoko iziBhalo zitshoyo ukuthi: “Iya kuba ngako ke inzala yakho ukuba ninzi kwayo.”

19Wayemayela nekhulu leminyaka ezelwe, kodwa akatyhafanga elukholweni akucinga ngokwaluphala kwakhe nangobudlolo bukaSara.

20Hayi, akasithandabuzanga isithembiso sikaThixo ngokungakholwa; waya esomelela elukholweni, embonga uThixo,

21eqinisekile ukuba uThixo unako ukukwenza oko akuthembisileyo.

22Kungoko “wabalelwa ekubeni lilungisa nguThixo.”

23La mazwi athi “wabalelwa ekubeni lilungisa” akabhekisi kuye yedwa.

24Hayi, abhekisa nakuthi, thina sasiza kuba ngamalungisa, thina sikholwayo kuThixo owamvusayo uYesu iNkosi yethu kwabafileyo,

© 1996 Bible Society of South Africa.

25yena owanikelwa ekufeni ngenxa yezono zethu, waza wabuya wavuswa,
ukuze thina sibe ngamalungisa.

KwabaseRoma 5

Abakholwayo baseluxolweni noThixo

1Njengoko sikholwa, sígwetyelwe nguThixo, sinoxolo naye ngenxa yeNkosi
yethu uYesu Krestu.

2Kaloku sibe nako ukungena ngoKrestu ngokukholwa kolu babalo sikulo.
Siyaqhayisa ke sithembe ukuba nenxaxheba ebuqaqawulini bukaThixo.

3Ngaphezu koko, siqhayisa nangeembandezelo ezi, sisazi nje ukuba
iimbandezelo zisiqhelisa ukunyamezela.

4Ke ukunyamezela kubonisa ukuba sicikidekile. Ukucikideka ke kudala
ithemba.

5Ithemba ke lona alidanisi, kuba uthando lukaThixo luthululelwe
ezintliziyweni zethu ngoMoya oyiNgcwele esamnikwayo.

6Kuba kaloku oko besisengama-athalala, uKrestu uthe ngexesha elimiswe
nguThixo, wabafela abangamhloneliyo uThixo.

7Inqabile into yokuba umntu afele omnye, naxa mhlawumbi anokubhaqeka
umntu onesibindi sokufela umntu olungileyo.

8Ke yena uThixo ukuqondakalisile ukusithanda kwakhe ngokuthi uKrestu
asifele sisengaboni!

9Sigwetyelwe nje ngenxa yegazi lakhe, kokukhona siya kusindiswa ngaye
kuyo ingqumbo kaThixo.

10Kaloku besikade siziintshaba noThixo, saxolelaniswa naye ngokufa koNyana
wakhe. Kobeka phi ke ukusindiswa kwethu ngokudla kwakhe ubomi!

11Ngaphezu koko ke, sineqhayiya novuyo ngaye uThixo, ngenxa yeNkosi
yethu uYesu Krestu, esithe ngayo saxolelaniswa noThixo.

Ukufa kuze ngoAdam, ubomi ngoKrestu

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Njengoko isono sangena ehlabathini ngenxa yomntu omnye, ukufa kwangena ngaso isono. Ngokunjalo ke nokufa kwalutyhutyha lonke uluntu, kuba bonke abantu bôna.

13Isono ke sabakho ehlabathini ungekabikho umthetho kaMosis. Ke, apho kungekho mthetho, isono sokwaphula umthetho asinakubalelwa mntwini.

14Ke ukufa kwakutshatshele ukususela kuAdam kwada kwaya kuthi gaa kuMosis, nakwabo basono singafani nesika-Adam. Lo Adam ke wayengumfuziselo waloo Mntu wayeza kufika.

15Kodwa isono sika-Adam asinakulinganiswa nesisa sikaThixo. Kaloku naxa kwafa abantu abaninzi nje ngenxa yesono salowo mnye unguAdam, lona ubabalo lukaThixo esalufumana ngaloo mntu mnye unguKrestu, lwaphuphumela kubantu abaninzi ngakumbi.

16Kanti ke isiqhamo sesipho sikaThixo asinakulinganiswa nesiphumo sesono saloo mntu. Kaloku isiphumo sesono saloo mntu saba kukugwetywa, kodwa isiqhamo sesisa sikaThixo esabakho ngenxa yezono ezininzi, saba kukukhululwa kwabantu.

17Ukuba ukufa kwakutshatshele ngenxa yesono saloo mntu, abo balwamkelayo ubabalo oluphuphumayo kwanesipho sokwenziwa amalungisa, baya kudla ubomi ngokugqithisileyo ngaloo mntu mnye unguYesu Krestu.

18Ngako ke, njengokuba kwathi ngasono sinye, bonke abantu bagwetywa, ngokunjalo kuya kuthi nangesenzo esinye esilungileyo, bonke abantu bagwetyelwe, badle ubomi.

19Kuba njengokuba kwathi, ngokungeva kwalowo mnye unguAdam, abaninzi bafumaneka bengaboni, ngokunjalo kuya kuthi nangokuthobela kwalowo mnye unguKrestu, abaninzi benziwe amalungisa.

20Ke kaloku wakungena umthetho kaMosis, isono sanda. Kodwa apho kwânda khona ukona, lwaphuphuma ngakumbi ubabalo asibabala ngalo uThixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21Njengokuba ke isono salawula ngokufa, ngokunjalo nobabalo lulawula ngokwenziwa kwethu amalungisa nguThixo. Lonu lusikhokelela ebomini obungonaphakade ngenxa kaYesu Krestu iNkosi yethu.

KwabaseRoma 6

Omanywe noKrestu ufile kuso isono

1Síthini na ke ngoko? Síhlale sihleli esonweni ukuze ubabalo lwande?

2Nakanye! Thina kaloku safa kuso isono. Singathini ke ukuba siqhubele phambili sisona?

3Anazi na ukuba thina sonke sibhaptiziweyo samanywa noKrestu Yesu, sabhaptizelwa ekufeni kwakhe?

4Ngokunjalo ngokubhaptizwa sangcwatywa kunye noKrestu. Njengokuba ke uKrestu wavuswayo kwabafileyo ngamandla obungangamsha bukaYise, nathi ngokunjalo masiphile ubomi obutsha.

5Kaloku xa simanywe naye ekufeni kwakhe, simanywe naye nasekuvukeni kwakhe ekufeni.

6Siyazi ke ukuba isimo sethu esidala sabethelelwa emnqamlezweni noKrestu, khon' ukuze igunya lesono liphuthiswe nasemizimbeni yethu, size singabi salawulwa sisono.

7Kaloku umntu ofileyo ukhululekile esonweni.

8Ukuba ke safa kunye noKrestu, siyakholwa ukuba sodla ubomi kwakunye naye.

9Siyazi ke ukuba uKrestu evusiwe nje kwabafileyo, akayi kuba safa – ukufa akusayi kuba nagunya kuye.

10Kuba wafa kwakanye, efela isono; kodwa ngoku udla ubomi, ephilela uThixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11Ngokunjalo nani zibaleleni ekubeni ningabafileyo okunene kuso isono,
niphilela uThixo ngobomi enibudlayo, nimanywe noKrestu Yesu, iNkosi
yethu.

12Ngoko ke isono masingayilawuli imizimba yenu efayo. Sanukuzivumela
iinkanuko zemizimba yenu.

13Kananjalo imizimba yenu musani ukuyinikela esonweni, nize none
ngamalungu ayo; koko zinikeleni nina ziqu kuThixo, ningabaphila bevuke
ekufeni nje. Ngenxa yoko ke wanikeleni kuThixo amalungu emizimba yenu,
ukuze nenze okulungileyo ngawo.

14Isono masinganilawuli, kuba anikho phantsi komthetho, niphantsi kobabalo
lwesisa sikaThixo.

Abalawulwa sisono nabalawulwa bubulungisa

15Síthini na ke ngoko? Sóne na, kuba singekho phantsi kwawo umthetho,
siphantsi kobabalo? Nakanye!

16Kakade niyazi ukuba lowo nizinikela kuye ukuba anilawule, ngokwenyani
niyamkhonza, nimthobele. Abalawulwa sisono ke baba sisisulu sokufa, kodwa
abamthobeleyo uThixo ubenza amalungisa.

17Ke kaloku, makubulelwe kuThixo, kuba nanifudula nilawulwa sisono,
kodwa ngoku niyithobela ngokupheleleyo imfundiso eniyifundisiweyo.

18Nakhululwa ke kuso isono, naba phantsi kobulungisa.

19Ngenxa yobuthathaka bemvelo yenu mandingantsonkothi. Njengoko
nanizinikele ngokupheleleyo ukuba nenze ukungcola nokwaphula umthetho,
nize nichasane nomthetho; ngokunjalo ke nangoku zinikeleni ngokupheleleyo
ukuze nenze okulungileyo, khon' ukuze nahluke.

20Okuya nanilawulwa sisono naningekho phantsi kobulungisa.

21Ke, benizuza ntoni ngaloo nto? Andithi izinto enanizizuza zezi nineentloni
ngazo ngoku, ezi zikhokelela ekufeni?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22Ngoku ke, nikhululwe nje esonweni, naba ngabakaThixo, ninaso isiqhamo esibubungcwele. Le nto ke ikhokelela ebomini obungunaphakade.

23Isono sinomvuzo: samkelisa ukufa; ke sona isipho asibabala ngaso uThixo ngokumanywa kwethu noKrestu Yesu iNkosi yethu, bubomi obungonaphakade.

KwabaseRoma 7

Ukukhululwa emthethweni

1Mawethu, ndithetha nabantu abawaziyo umthetho welakowethu; niyazi ukuba umntu uphantsi kwegunya lomthetho kuphela ngeli xesha adla ubomi ngalo.

2Kaloku umfazi owendileyo ubotshelelwe ngumthetho endodeni yakhe, eli lixa idla ubomi; kodwa ukuba ithe yafa indoda, ukhululekile kuwo umthetho ombophelela endodeni yakhe.

3Ngoko ke, ukuba umfazi uthe waba ngowenye indoda isaphila indoda yakhe, kothiwa ungumkrexezi. Kodwa ke ukuba ithe yafa indoda yakhe, woba ukhululekile emthethweni, aze angabi ngumkrexezi ukuba uthe waba ngowenye indoda.

4Kukwanjalo ke nakuni, mawethu. Ngokumanywa nomzimba kaKrestu nani nafa ngokubhekiselele kumthetho kaMosis, ukuze nibe ngabomnye, ongulo Krestu ke owavuswa kwabafileyo. Le nto ke ibanga ukuba sibe nokumsebenzela uThixo.

5Kaloku ngokuya sasisidla ubomi, ngokweyethu intando, iinkanuko ezimbi ezivuselelwa ngumthetho zazilawula emizimbeni yethu, sisebenzela ukufa.

6Ke, ekubeni safayo nje ngokubhekiselele kwezo zinto zazisilawula, sikhululekile ngoku emthethweni. Ngenxa yoko asisakhonzi ngendlela endala yomthetho obhaliweyo, kodwa sikhonza ngendlela entsha yoMoya.

Umthetho nesono

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Ndithini ke xa nditshoyo? Ngaba ndithi umthetho usisono? Nakanye! Kodwa ke ngendingasazanga isono ukuba ubungekho umthetho. Kaloku nenkanuko ngendingayazanga ukuba umthetho ubungatshongo ukuthi: “Uze unganqweneli...”

8Isono ke sizuze ikroba ngawo lo mthetho, sandivusela yonke inkanuko. Kaloku xa kungekho mthetho, isono sifile.

9Mna ke bendifudula ndiphila ungekho umthetho. Uthe ke wakufika umthetho, savuka isono,

10ndafa ke mna; waza umthetho owawumiselwe ukuzisa ubomi, wafumaneka inguwona undisa ekufeni.

11Kuba kaloku isono sizuze ikroba ngawo lo mthetho, sandilukuhla, sandibulala ngawo.

12Okunene umthetho ungcwele; nomyalelo ungcwele, unobulungisa, ulungile.

13Umthetho ulungile nje, ungaba kukufa kum? Nakanye! Sisono esaba kukufa kum. Sona sisebenzise into elungileyo ukundizisela ukufa, saza ke sacaca into esiyiyo, khon' ukuze ngomthetho isono sibonakale sisisono ngakumbi nangakumbi.

Ukukrutha-kruthana okusemntwini

14Siyazi ke ukuba umthetho ngowoMoya kaThixo, kodwa mna ndiyinyama negazi; ndiphantsi kwegunya lesono.

15Into endiyenzayo yinkohla kum, kuba kaloku into endithanda ukuyenza andiyenzi, ukanti ndiyayenza endiyithiyileyo.

16Xa ke ndisenza into endiyithiyileyo, kucacile ukuba ndiyavuma ukuthi umthetho ulungile.

17Ngoko ke ayisendim owenza loo nto ndingayithandiyo, koko sisono esihleli kum esenza loo nto.

© 1996 Bible Society of South Africa.

18Ndiyazi ukuba akuhlali nto ilungileyo kum – nditsho kwisimo sam esonakeleyo – kuba kaloku umnqweno wokwenza into elungileyo ukho kum, kodwa ukwenza andinako.

19Into elungileyo endithanda ukuyenza, andiyenzi; kodwa into embi endingathandi kuyenza, ndiyayenza.

20Ukuba ke ndenza loo nto ndingayithandiyo, ayisendim oyenzayo, koko sisono esi sihleli kum esiyenzayo loo nto.

21Kambe ke ndibhaqa le nto apha kum: Kuthi xa ndifuna ukwenza into elungileyo, ndisuke ndonganyelwe kukwenza ububi.

22Ndiyawulangazelela umthetho kaThixo ngentliziyo,

23kodwa ndibhaqa nto yimbi kwalapha kum echasene nomthetho endiwaziyo entliziyweni yam, nto leyo indithimbela esonweni esihleli kum.

24Hayi usizana endilulo! Ngubani na oya kundihlangula kulo mzimba usisisulu sokufa?

25Ndiyambulela uThixo ngoYesu Krestu iNkosi yethu! Nantsi ke imeko endikuyo: Ngokuphathelele kwendikwaziyo entliziyweni yam, okunene ndikhonza uThixo; kodwa ngokwesimo sam esonakeleyo, ndikhonza isono.

KwabaseRoma 8

UMoya umniki-bomi

1Ngoko ke àbagwetywa abo bamanywe noKrestu Yesu.

2Kaloku ngokumanywa kwam noKrestu Yesu, uMoya umniki-bomi undikhulule ekulawulweni sisono nakukufa.

3Ke wona umthetho wawungenako ukusikhulula, ngenxa yokonakala kwesimo sethu. Kodwa yena uThixo wamthumela uNyana wakhe, ekwisimo esifana nesimo sethu esonakeleyo, waza wasigweba isono emntwini wenyama negazi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Le nto uThixo uyenzele ukuze injongo yomthetho izalisekiswe kuthi, thina singaphiliyo ngokwesimo esonakeleyo, koko siphila ngokoMoya.

5Abo besimo esonakeleyo banyamekela izinto zeso simo; ibe ke abo boMoya banyamekela izinto zoMoya.

6Ke ukunyamekela izinto zesimo esonakeleyo kusa ekufeni, kanti ke ukunyamekela ezoMoya kusa ebomini naseluxolweni.

7Abo banyamekela izinto zesimo esonakeleyo baziintshaba zikaThixo, kuba kaloku abawuthobeli umthetho wakhe. Kakade abanako ukuyenza loo nto.

8Ábenjenjalo ke àbanako ukumkholisa uThixo konke-konke.

9Ke nina aningabo abaphila ngokwesimo esonakeleyo, ningabo bakhokelwa nguMoya, ukuba kambe uMoya kaThixo uhleli kuni. Ke umntu ongenaye uMoya kaKrestu akangokaKrestu.

10Ukuba uKrestu ukho kuni, nangona umzimba ufile ngenxa yesono, uMoya yena uninika ubomi. Kaloku nenziwe amalungisa.

11Ukuba ke uMoya kaThixo owamvusayo uYesu ekufeni ukho kuni, neyenu imizimba uThixo uya kuyinika ubomi ngoMoya wakhe okhoyo kuni.

12Ngoko ke, mawethu, masingakholisi isimo sethu esonakeleyo.

13Kuba xa niphila ngokweso simo, niya ekufeni; kodwa ukuba niyazitshitshisa ngamandla oMoya izenzo ezibi zomzimba, niya kudla ubomi.

14Kaloku abo bakhokelwa nguMoya kaThixo, bangoonyana bakaThixo.

15UMoya enimamkeleyo akanenzi amakhoboka, wona aphakuzelayo. Kaloku namkele uMoya onenza oonyana abathi: “Tata!” kuThixo.

16UMoya ngokwakhe ungqinelana nathi ukuthi singabantwana bakaThixo.

17Ukuba ke singabantwana bakaThixo, sikwaziindlalifa zikaThixo. Ewe, siziindlalifa kunye noKrestu, kuba kaloku siva ubunzima kunye naye, siphinde siwongwe kwakunye naye.

Ubuncwane esiza kubuxhamla

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

18Ndigqiba kwelithi ezi ntlungu zangoku azinakufaniswa nobuncwane esiza kubuxhamla;

19kuba indalo iphela ilangazelela ukuba uThixo ade abaveze oonyana bakhe.

20Kaloku indalo yathotyelwa kwimeko ephuthileyo, kungengakuthanda kwayo, kodwa kungokuthanda kwalowo wayithobayo. Phofu likho ithemba lokuba

21nendalo ngokwayo iya kude ikhululwe kwiimbophelelo zokonakala, ize nayo isiwe enkululekweni nasebuqaqawulini babantwana bakaThixo.

22Kuba kaloku siyazi ukuba kude kube ngokunje yonke indalo iyancwina inenimba.

23Asiyiyo yodwa ke: nathi thina siphiwe uMoya osisiqinisekiso sokukhululwa kwethu nguThixo, siyancwina, silindele ukubekwa ewongeni lokuba ngoonyana bakaThixo. Yinkululeko yethu ke leyo.

24Okunene naxa sisindisiwe nje, sisesethembeni. Ukuba ke siyayibona into esithembe ukuyifumana, asilothemba elo. Kaloku akukho mntu uthemba ukufumana into aseleyifumene.

25Kodwa ke into esingayiboniyo, esithembe ukuyifumana, siyilindela ngomonde.

26Ngokukwanjalo noMoya uyasixhasa ekusweleni kwethu amandla, kuba kaloku asiyazi eyona ndlela singathandaza ngayo. Kodwa ke kweso singqala sethu sikhohliwe uMoya ngokwakhe uyasithethelela.

27Ke uThixo oziphengululayo iintliziyo uyazazi iingcamango zoMoya, kuba kaloku uMoya uthethelela abantu bakaThixo ngokwentando kaThixo.

28Siyazi ke ukuba kuyo yonke imeko uThixo ubenzela okulungileyo abo bamthandayo, ababizwe ngokwenjongo yakhe.

29Kaloku abo wayeselebazi kwangaphambili, wabamisela ukuba babe ngumfanekiso woNyana wakhe, ukuze uNyana wakhe abe ngowamazibulo kusapho olukhulu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

30Abo ke uThixo wabamiselayo kwangaphambili, wababiza kananjalo. Abo wababizayo, wabenza amalungisa. Abo wabenza amalungisa, wabanika iwonga.

Uthando uThixo asithanda ngalo ngoYesu Krestu

31Masithini na ke ngezi zinto? Ukuba uThixo ungakuthi ngubani onokusichasa?

32Yena kaloku akambandezanga owakhe uNyana, koko usuke wamnikela ngenxa yethu sonke. Angathini ke ukungasibabali asiphe zonke ezinye izinto?

33Ngubani na oya kubamangalela abanyulwa bakaThixo, inguThixo nje obagwebelayo?

34Ngubani onokubagweba, ethe wafa nje uKrestu, wathi ngaphezu koko wabuya wavuka, waza waya kuhlala ewongeni kwaThixo, apho asithethelela khona?

35Ngubani ke onokusahlukanisa nothando lukaKrestu? Yimbandezelo na? Yinkxwaleko na? Yintshushiso na? Yindlala na? Bubuzé na? Yingozi na? Likrele na?

36Kunjengoko iziBhalo zitshoyo ukuthi: “Ngenxa yakho sisesichengeni sokubulawa; yiyo loo nto sesifana neegusha eziya kuxhelwa nje.”

37Kanti ke, kwezi zinto zonke sisuka soyise sitshatshele ngalowo wasithandayo.

38Kaloku ndiqinisekile kukuba asikuko nakufa, nabomi, nazithunywa zezulu, nazilawuli, nanto zikhoyo, nanto zizayo, naziphathamandla,

39nanto ziphezulu, nanto zingaphantsi, nditsho nasiphi na isidalwa, esiya kuba nako ukusahlula nothando lukaThixo olukuye uKrestu Yesu, iNkosi yethu.

KwabaseRoma 9

UThixo nabanyulwa bakhe amaSirayeli

© 1996 Bible Society of South Africa.

1Mna ndingokaKrestu; ndithetha inyaniso, andixoki. Kwanesazela sam,
silawulwa nguMoya oyiNgcwele, siyandingqinela ukuba andixoki.

2Ndiselusizini olukhulu, ndaye ndinentlungu engapheliyo entliziyweni yam

3ngenxa yamawethu amaSirayeli. Ewe, bendingade ndinqwenele ukuba mna
ngokwam ndibe ngoqalekisiweyo nguThixo esikhundleni sawo, ndide
ndahlukaniswe noKrestu.

4AmaSirayeli la kaloku uThixo wawenza oonyana bakhe, wabubonakalisa
kuwo nobuqaqawuli bakhe. Wenza iminqophiso nawo, wawanika umthetho
neyona ndlela yonqulo, wawenzela kwanezithembiso.

5Ayinzala yamanyange, kwaye kuwo kwavela uKrestu ngokobuntu, yena
owongamela konke, ongulo Thixo omakadunyiswe ngonaphakade. Amen.

6Le nto ke ayithethi kuthi ilizwi likaThixo lona ngokwalo litshitshile.
Asingabo bonke kaloku abaphuma kuSirayeli abangamaSirayeli ncam.

7Kananjalo asingabo bonke abazelwe nguAbraham abayinzala yakhe
ncakasana. Kaloku uThixo wathi kuAbraham: “Inzala yakho ncam iya
kuphuma kunyana wakho uIsake.”

8Loo nto ithetha ukuthi asingabo bonke abantwana abazeleyo uAbraham
abangabantwana bakaThixo. Hayi, ngabantwana besithembiso kuphela
ababalelwa ekubeni bayinzala ncam.

9Kaloku isithembiso sênziwa nguThixo ngala mazwi athi: “Ngexesha
elifanelekileyo ndiya kukuvelela, waye ke uSara uya kuzala unyana.”

10Ukuqhubela phambili mandithi: Uyise wamawele kaRabheka wayemnye,
inguIsake ubawo wethu.

11-12Kwathi abantwana bengekazalwa, bengekenzi nto, nokuba yelungileyo,
nokuba yembi, uThixo wathi kuRabheka: “Omdala uya kuba ngumkhonzi
womncinci.” Kaloku unyulo lukaThixo lusekelwe kubizo lwakhe, kungekuko
nakuyiphi na into eyenziwa ngumntu;

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13njengoko iziBhalo zitshoyo ukuthi: “Ndamthanda uYakobi, ndamthiya yena uEsawu.”

14Síthini ke ngoko? Ngaba sinokuthi uThixo akanabulungisa? Nakanye!

15Kaloku wathi kuMosis: “Ndiya kuba nenceba kulowo ndinenceba kuye, ndibe netarhu kulowo ndinetarhu kuye.”

16Ke ukunyulwa komntu akuxhomekekanga ekuzithandeleni komntu, okanye ekwenzeni kwakhe, koko kuxhomekeke kwinceba kaThixo.

17Kaloku iziBhalo zithi kukumkani waseJiputa: “Ndakuphakamisa ukuze ndiwabonakalise ngawe amandla am, ize negama lam lidume, linwenwe kulo lonke ihlabathi.”

18Ngoko ke uThixo unenceba kulowo athanda ukumenzela inceba, aze ayenze lukhuni intliziyo yalowo athanda ukuyenza lukhuni.

UThixo unguSomandla

19Omnye kuni usenokuthi kum: “Ukuba ke kunjalo angathini na uThixo ukumsola umntu; kungekho bani nje unokumelana nentando kaThixo?”

20Mntundini, kuxa ungubani wena ukuba ungade uphendulane noThixo? Into ebunjiweyo ingátsho njani kumbumbi wayo ukuthi: “Yini na ukuba undenjenje ukundibumba?”

21Akanalo kakade umbumbi ilungelo lokuthi ngamdongwe mnye enze ingqayi exabisekileyo kwanengaxabisekanga?

22Kukwanjalo ke nangokubhekiselele kwizinto ezenziwe nguThixo. Kaloku wayefuna ukubonakalisa ingqumbo yakhe nokwazisa ubungangamsha bakhe. Ngoko ke wabanyamezela ngomonde abo wayebaqumbele, ababemelwe kukutshatyalaliswa.

23Wayefuna nokubonakalisa ubuhle besihomo nesithozela sakhe kwabo abenzela inceba, abo abenza bafanele ukuthiwa jize ngewonga.

24Síthí ke abo uThixo wababizayo, singemaJuda kuphela, sikwakunye nabezinye iintlanga ngokunjalo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

25Uthetha kwaloo nto kwiNcwadi kaHosiya, xa athi: “Abangengobantu bam
ndiya kuthi bangabantu bam; nohlanga ebendingaluthandi ndiya kuthi
luyintanda kum.

26Ewe, nakuloo ndawo kanye kwakusithiwa kubo: ‘Aningobantu bam nina;’
khona apho kanye kuya kuthiwa kubo: ‘Ningoonyana bakaThixo ophilayo.’ ”

27Ke noIsaya udanduluka athi malunga namaSirayeli: “Nangona inani
loonyana bakaSirayeli lingangentlabathi yaselwandle, bambalwa kodwa kubo
abaya kusindiswa,

28kuba iNkosi iya kusiwisa kamsinya isigwebo sayo ehlabathini.”

29Kukwanjengokuba uIsaya wayetshilo ngaphambili ukuthi: “Ukuba iNkosi
uSomandla ibingasishiyelanga hlumela, ngesisuke saba njengeSodom, safana
neGomora.”

Ukuphoswa kwamaSirayeli lusindiso

30Síthini ke ngoko? Síthi izizwe ezazingenzi migudu yakuba ngamalungisa
kuThixo, zakufumana nazo ukuba ngamalungisa, zisenziwa amalungisa
ngokholo.

31Kodwa wona amaSirayeli, nangona ayesenza imigudu yokuba ngamalungisa
ngokugcina umthetho, akaphumelelanga.

32Ngani na? Ngenxa yokuba imigudu yawo ingasekelwanga lukholweni,
kodwa isekelwe ekuzenzeleni ngokwawo. Akhubeka “elityeni
elikhubekisayo,”

33eli iziBhalo zitshoyo ngalo ukuthi: “Uyabona, ndibeka eZiyon ilityе
elikhubekisayo, ulwalwa olusisikhubekiso; lowo ukholwayo kuye akayi
kudaniswa.”

KwabaseRoma 10

1Mawethu, ndilangazelela ngayo yonke intliziyo yam ukuba amaSirayeli,
abantu bakowethu, asindiswe, ndaye ndihlala ndimbongoza uThixo ngenxa
yawo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

2Ndingawangqinela ukuba anenzondelelo ngezinto zikaThixo, kodwa engenalo ulwazi olululo.

3Akayazanga indlela uThixo abalungisa ngayo abantu, aza afuna ukuba ngamalungisa ngeyawo indlela. Ngokwenjenjalo ke akayithobelanga indlela uThixo abenza ngayo amalungisa abantu.

4Kaloku umthetho ufikelele esiphelweni ngoKrestu, khon' ukuze wonke umntu abe lilungisa kuba ekholwa.

Usindiso lolwabantu bonke

5Malunga nokuba lilungisa phambi koThixo ngokuthobela umthetho, uMosis ubhale esithi: “Umntu owugcinayo umthetho, wophila ngawo.”

6Kodwa malunga nokwenziwa ilungisa ngokholo kuthiwa: “Musa ukuthi entliziyweni yakho: Ngubani na oya kunyuka aye ezulwini?” (oko kukuthi ahlise uKrestu).

7“Okanye musa ukuthi: Ngubani na oya kuhla aye enzonzobileni?” (oko kukuthi ukuya kunyusa uKrestu kwabafileyo).

8Ngaba ke kukuthini oko? Kukuthi: “Ilizwi likaThixo likufuphi kuwe, lisemlonyeni wakho nasentliziyweni yakho.” Ilizwi lokholo esilivakalisayo nali:

9Ukuba uthe wavuma ngomlomo ukuba uYesu yiNkosi, wakholwa nangentliziyo ukuba uThixo wamvusa kwabafileyo, wosindiswa.

10Kaloku umntu ukholwa ngentliziyo, aze abe lilungisa phambi koThixo; uvuma ngomlomo, aze asindiswe.

11IziBhalo kaloku zithi: “Lowo ukholwayo kuye akayi kudaniswa.”

12Ke ngoko akukho mahluko phakathi komJuda nowolunye uhlanga, kuba le Nkosi inye ikwayinkosi yabo bonke. Kaloku ibasikelela ngesisa ngendyebo yayo bonke abo bazibika kuyo,

13kuba: “Lowo uzibika ebiza igama leNkosi wosindiswa.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

14Bangazibika njani kulowo bangàkholwayo kuye; bengakholwa njani
bengevanga? Bangeva njani kungekho mntu ushumayelayo;
15bengashumayela njani bengathunywanga? Kaloku iziBhalo zithi:
“Ngumbono omhle ukubukela izigidimi zisihla zinyuka zihambisa iindaba
ezimnandi!”
16Kodwa asingabo bonke abazamkeleyo iindaba ezimnandi, njengoko atshoyo
noIsaya ukuthi: “Nkosi, ngubani na othe wakholwa ludaba lwethu?”
17Ngoko ke ukholo luvuswa ngokuvakaliswa kodaba; ke lona udaba
luvakalisa uKrestu.
18Ngaba awevanga na kodwa amaSirayeli? Ewe, avile. Kaloku iziBhalo zithi:
“Ukuhlokoma kwelizwi labo kuvakala kuwo wonke umhlaba; namazwi abo
afikelela eziphelweni zehlabathi.”
19Ngaba kodwa wona amaSirayeli ayengaqondi? Ukuphendula mandiqale
ngoMosis othi: “Mna ndiya kunenza nikhweletele uhlanga olungento; ndiya
kunixhokonxa ngohlanga olungenangqondo.”
20Ade atsho nokutsho uIsaya ukuthi: “Ndifunyenwe ngâbo babengandifuni,
ndabonakala kwâbo babengabuzisi ngam.”
21Kanti ngokubhekiselele kumaSirayeli uthi: “Imini yonke bendicengana
nabantu abangevayo, abandiphikisayo.”

KwabaseRoma 11

Uhlanga lwamaSirayeli alulahlwanga kwaphela

1Ngaba uThixo ubalahlile na abantu bakhe amaSirayeli? Nakanye! Nam
ngokwam ndingumSirayeli, ndiyinzala ka-Abraham, ndingowendlu
kaBhenjamin.
2UThixo akabalahlanga abantu bakhe awabanyula mhlamnene. Kaloku
niyayazi eziBhalweni indawo apho uEliya awamangalela khona kuThixo
amaSirayeli, esithi:

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

3“Nkosi, amaSirayeli ababulele abashumayeli bakho, namaqonga akho
amadini awadilizile. Ndim ndodwa oseleyo, kwaye nam afuna ukundibulala.”

4Limphendula njani ke ilizwi likaThixo? Lithi: “Ndizishiyele amadoda
angamawaka asixhenxe angamnqulanga uBhali.”

5Kanti nangoku ke kukwanjalo. Lisekho iqaqobana elichongwe nguThixo
ngokwesisa sakhe.

6Lona lachongwa nguThixo ngokwesisa sakhe, elibabala, engalinyuli ngenxa
yezenzo zalo. Kaloku ukuba uThixo wayenyula abantu ngokwezenzo zabo,
isisa sakhe asingebi saba sisisa.

7Kúthiweni ke ngoko? Makuthiwe amaSirayeli akayifumananga into
awayeyizondelele. Kodwa iqaqobana elichongwe nguThixo layifumana, aza
ke wona amanye aqaqadekiswa,

8njengoko iziBhalo zitshoyo ukuthi: “UThixo ubenze badengeka, baza
àbabona ngamehlo, àbeva ngeendlebe; ibe ke unangoku basenjalo.”

9UDavide naye uthi: “Mababanjwe, bavingcelwe kumatheko abo;
mabakhubeke, beve impindezelo.

10Mabamfanyekiswe, bangaboni, babandezeleke maxa onke.”

11Ngaba isiwo samaSirayeli sawazisela intshabalalo? Nakanye! Kwathi ngesi
siwo sawo usindiso lwazifikela iintlanga, khon' ukuze ziwavusele ikhwele.

12Esi siphoso samaSirayeli saluphathela intaphane yeentsikelelo uluntu;
ngoko ke ukoyisakala kwawo kwaba yinzuzo enkulu ezintlangeni. Zobeka phi
na ke ukusikeleleka iintlanga akuba amaSirayeli ezinikele ngokupheleleyo
kuThixo!

Ukusindiswa kweentlanga

13Ngoku mandithethe nani, zintlanga. Okunene ekubeni mna ndingulowo
uthunywe kuzo iintlanga, ndizimisele ukuwenza ubalasele umsebenzi wam,

14ndide ndivusele amawethu ikhwele, ndiyisindise inxalenye yawo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15Kaloku xa ukulahlwa kwawo kuxolelanise ihlabathi noThixo, koba njani
ukwamkelwa kwawo? Kofana novuko lwabafileyo!

16Ukuba isonka sokuqala sentlama singcwalisiwe ngokwenziwa umnikelo,
kwangokunjalo zingcwele zonke ezinye ezenziwe ngaloo ntlama. Ukuba
iingcambu zomthi zingcwele, kwangokunjalo namasebe angcwele.

17Inxalenye yamasebe omnquma yaqhuzulwa kwamiliselwa amasebe
omnquma wasendle esiqwini sawo. Nina ke, zintlanga, ningaloo masebe
omnquma wasendle. Nanikwa inxaxheba kwincindi yeengcambu eziphilileyo
zomnquma.

18Musa ke ukuziphakamisa kunamanye amasebe. Kakade ke wena
ungaqhayisa ngantoni? Asinguwe kaloku othwele iingcambu, ziingcambu
ezithwele wena!

19Kodwa wena uya kuthi: “Aqhuzulwa amasebe, ukuze kumiliselwe mna.”

20Unyanisile, aqhuzulwa ngenxa yokuba engakholwa, ke wena umi apho
umiliselwe khona ngenxa yokuba ukholwa. Musa ke ukuba nekratshi, koko
yoyika.

21Engawasindisanga nje kaloku uThixo amasebe omthi endalo, angákusindisa
njani wena?

22Khawukhangele ke ububele nobungqongqo bukaThixo! Okunene
úngqongqo kwabo bonayo, kodwa kuwe únobubele, ukuba ùthe wahlala kobu
bubele. Kodwa kungenjalo wogawulwa nawe ngokwakho!

23Nawo ke amaSirayeli, ukuba ayahlukana nalo eli phike lawo
lokungakholwa, omiliselwa kwakhona. Kaloku uThixo unako ukubuya
awamilisele.

24Nina zintlanga nikhiwe kumnquma wasendle, naza nathi ngokunxamnye
nemvelo namiliselwa kumnquma otyaliweyo. NgamaSirayeli kaloku amasebe
omnquma otyaliweyo. Ngenxa yaloo nto ke kulula kuThixo ukuwamilisela
kwakuloo mnquma.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

UThixo unenceba kubo bonke

25Mawethu, andithandi ukuba ningayazi le mfihlakalo, hleze nizicingele
ukuba niziingqondi, le yokuba inxalenye yamaSirayeli yoqaqadeka lide inani
elizeleyo leentlanga liphelele.

26Kwakuba kunjalo ke xa ewonke uSirayeli uya kusindiswa, njengoko
zitshoyo iziBhalo ukuthi: “Uya kuvela eZiyon uMsindisi, akuphelise kwindlu
kaYakobi ukungahloneli-Thixo;

27nguwo lo ke umnqophiso wam nabo, mhla ndothi ndizicime izono zabo.”

28Ngokuzichasa iindaba ezimnandi amaSirayeli aziintshaba zikaThixo, nto
leyo inincedayo ke nina zintlanga. Kodwa ke ngokonyulo lukaThixo
aziintanda zakhe ngenxa yamanyange.

29Kaloku uThixo akalujiki ubizo lwakhe, engazisoli nangezibabalo zakhe.

30Nina ke zintlanga benifudula ningamthobeli uThixo, kodwa ngoku
nenzelwe inceba ngenxa yokungamthobeli kwamaSirayeli.

31Kwangokunjalo namaSirayeli akamthobeli ngoku uThixo, ngenxa yenceba
eniyenzelweyo nina, ukuze kamva enzelwe inceba nawo.

32Kaloku uThixo wabaquka bonke abantu ekungamthobelini, ukuze abenzele
inceba xa bebonke.

Makabongwe uThixo

33Hayi ke bethu ubukhulu bobuhandiba bukaThixo, nobunzulu bobulumko
nokwazi kwakhe! Asikuko nokuba aziphengululeki izigqibo zakhe, azilandeki
iindlela zakhe!

34Kanene: “Ngubani na owakha wayazi ingqiqo yeNkosi, ingubani na owakha
waba ngumcebisi wayo?

35Ngubani khona owakha wayiboleka nto, waza wabuyekezwa ngayo?”

36Kaloku zonke izinto ziphuma kuyo iNkosi, zikho ngayo, zikholo yona.
Mayidunyiswe ke iNkosi kude kube ngunaphakade! Amen.

KwabaseRoma 12

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Ihambo yomKrestu

1Ndiyanikhuthaza ngoko, mawethu, ngenxa yenceba kaThixo, ukuba
nizinikele nina ziqu nibe lidini eliphilayo, elingcwele, elikholekileyo kuThixo.
Leyo ke yindlela yenu efanelekileyo yokukhonza uThixo ngengqiqo.

2Musani ke ukuthatha isimilo sabantu beli phakade, kodwa iingqondo zenu
maziguquke zihlaziyeke, nize niyivume intando kaThixo, yona ilungileyo,
ikholekileyo, igqibeleleyo.

3Ngalo ubabalo endababalwa ngalo ndithi kuni nonke: Musani ukuzicingela
ngaphezu koko umntu amelwe kukuzicingela ngako. Ndaweni yaloo nto
yibani neengcinga ezithobekileyo. Elowo nalowo makazikhuthaze
ngokokholo aluphiwe nguThixo.

4Kaloku, kwanjengokuba sinamalungu amaninzi mzimbeni mnye, abe ke onke
amalungu la engenamsebenzi mnye,

5ngokunjalo thina aba, sibaninzi nje, simzimba mnye ngokumanywa
noKrestu. Sonke ke ngabanye singamalungu omnye elomnye.

6Masizisebenzise ke iziphiwo ezahlukeneyo esababalwa ngazo nguThixo.
Ukuba sinesiphiwo sokuvakalisa ilizwi elivela kuThixo, masilivakalise
ngokokholo esinalo.

7Ukuba sinesiphiwo sokukhonza abanye, masizingise ekukhonzeni. Ukuba
sinesiphiwo sokufundisa, masifundise kangangoko sinako.

8Ukuba sinesiphiwo sokukhuthaza, masiqine ekukhuthazeni. Ongumabi
makazabe izipho ngesisa. Owongameleyo makongamele ngenzondelelo.
Owenza inceba makayenze echwayitile.

9Uthando malungabi naluhanahaniso. Yithiyeni inkohlakalo; bambelelani
kokulungileyo.

10Thandanani ngokwabazalanayo. Shiyiselanani ngokwenzelana imbeko.

11Zondelelani ningatyhafi. Yibani nefuthe loMoya. Yikhonzeni iNkosi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

12Vuyani, ninethemba nje, ninyamezele ezimbandezelweni zenu, nithandaze
ningayeki.

13Ziboneleleni iintswelo zamakholwa, nizikhathaze ngokubuka iindwendwe.

14Basikeleleni abanitshutshisayo; sikelelani, ningaqalekisi.

15Vuyani nabavuyayo, nilile nabalilayo.

16Yibani moya mnye. Musani ukusukela amawonga; yaneliswani kukuzithoba.
Musani ukuzicingela ukuba niziingqondi.

17Musani ukubuyekeza ububi ngobubi. Zimiseleni ukwenza okulungileyo
phambi kwabantu bonke.

18Yenzani unako-nako ukuhlalisana ngoxolo nabantu bonke.

19Zihlobo, musani ukuziphindezela ngokwenu. Impindezelo yiyekeleni
ingqumbo kaThixo, njengoko iziBhalo zitshoyo ukuthi: “Impindezelo yeyam,
kuya kubuyekeza mna, itsho iNkosi.”

20Kaloku iziBhalo zikwatsho nokuthi: “Ukuba utshaba lwakho lulambile,
luphe into etyiwayo; ukuba lunxaniwe, luphe into eselwayo; kuba
ngokwenjenjalo ke, woba uluvisa udano, khon' ukuze luguquke.”

21Musa ukoyiswa bububi; boyise ububi ngokulungisa.

KwabaseRoma 13

Ukuthobela abasemagunyeni

1Wonke umntu makathobele abasemagunyeni, kuba akukho gunya lingaveli
kuThixo. Amagunya akhoyo amiselwe nguThixo.

2Ngoko ke, ochasene namagunya uphikisa ummiselo kaThixo; yaye ke wonke
umntu owenza loo nto uzibizela ukugwetywa.

3Kaloku abaphathi aba aboyikeki kubantu abalungisayo, boyikeka
kwabonayo. Ukuba ufuna ukungamoyiki osemagunyeni, yenza okulungileyo,
yaye ke uya kukuncoma.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Kaloku abasemagunyeni zizicaka zikaThixo, khon' ukuze kulungelwe kwawena. Kodwa, ukuba uthe wenza into embi yoyika, kuba abasemagunyeni banikwe igunya lokohlwaya. Kaloku bazizicaka zikaThixo; bayaphindezela, bamohlwaye lowo wonayo.

5Ngoko ke bathobeleni abasemagunyeni, ingengakuba nisoyika isohlwayo kuphela, kodwa nangenxa yokuhlonela uThixo.

6Nirhafa nje kaloku, kungenxa yokuba abasemagunyeni bangamagosa kaThixo, ngakumbi xa besenza umsebenzi wabo.

7Ngoko ke bonke banikeni okubafaneleyo – irhafu kofanelwe yirhafu, umrhumo kofanelwe ngumrhumo, ukuhlonitshwa kofanelwe kukuhlonitshwa, imbeko kofanelwe yimbeko.

Ukuthanda kukuwuthobela ngokupheleleyo umthetho

8Musani ukuba natyala lanto mntwini, lingelilo elokuthandana. Kaloku omthandayo omnye uwuthobele ngokupheleleyo umthetho.

9Imiyalelo ethi: “Uze ungakrexezi, uze ungabulali, uze ungebi, uze ungangqini buxoki, uze unganqweneli,” nokuba nguwuphi umyalelo ongomnye, ushwankathelwa ngelithi: “Uze umthande ummelwane wakho kanye ngale ndlela uzithanda ngayo nawe.”

10Olu thando ke alunakuze lone mntu. Ngoko ke ukuthanda kukuwuthobela ngokupheleleyo umthetho.

11Masenjenjalo ke, sisazi nje ukuba eli selilixesha lokuba sivuke ebuthongweni. Kaloku usindiso lukufuphi kuthi ngoku kunasekuqaleni kwethu ukukholwa.

12Ubusuku buhambile, sekuza kusa. Masahlukane ke ngoko nemisebenzi yobumnyama, sixhobe ngezikrweqe zokukhanya.

13Masiziphathe ngokundileka njengabahamba emini, singabi sezindywaleni nasekunxileni, ekuhenyuzeni nasekurheletyeni, singabi namona nazinkani.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14INkosi uYesu Krestu mayibe sisikrweqe senu, ningasilungiseleli isimo senu esonakeleyo ukuze nanelise iinkanuko zaso.

KwabaseRoma 14

AmaKrestu makangagwebi

1Lowo ke uswele amandla elukholweni, mamkeleni, kodwa kungabi nganjongo yakuphikisana nezimvo zakhe.

2Omnye ukholo lwakhe lumvumela ukuba atye nakuphi na ukutya, kodwa yena okholo lubuthathaka utya imifuno kuphela.

3Lowo utya konke makangamdeli ozila ukutya okuthile, nalowo uzila ukutya okuthile makangamgwebi otya konke, kuba uThixo umamkele.

4Yini na wena ukuba usigwebe isicaka somnye? Kaloku siya kugwetywa yinkosi yaso. Kanti notyayo akayi konakalelwa nto, kuba iNkosi inako ukumgcina.

5Omnye okunene uthi umhla othile ubalulekile kunomnye umhla, wumbi ke uthi imihla iyafana. Elowo ke makaqiniseke kweyakhe ingqiqo.

6Lowo ke ugcina umhla othile, uwugcinela iNkosi. Lowo utya nakuphi na ukutya, esitya nje, uzinikela eNkosini, kuba ubulela uThixo. Nalowo ungatyi konke ukutya, engatyi nje, uzinikela eNkosini, kuba naye ubulela uThixo.

7Akukho namnye kuthi uziphilelayo, kananjalo akukho namnye uzifelayo.

8Kaloku nokuba sidla ubomi, siphilela iNkosi, nokuba siyafa, sifela iNkosi. Ngoko ke nokuba sidla ubomi, nokuba siyafa, singabeNkosi.

9Kuba kaloku uKrestu wafa, wabuya wadla ubomi, ngenjongo yokuba abe yiNkosi yabafileyo nabaphilayo.

10Wena ke, yini ukuba umgwebe uwenu? Ke wena, yini na ukuba umdele uwenu? Kaloku sonke siya kuma enkundleni kaThixo,

11kuba iziBhalo zithi: “Ndingophilayo nje, itsho iNkosi, aya kugoba kum onke amadolo, zimdumise uThixo zonke iilwimi.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Ngoko ke sonke ngabanye siya kunika ingxelo phambi koThixo.

Ungamkhubekisi umwenu

13Masingabi sagwebana ke – ndaweni yaloo nto masizimisele ukungenzi nanye into enokumkhubekisa imwise esonweni umwethu.

14Ndimanywe neNkosi uYesu nje, ndazi ngokuqinisekileyo ukuba akukho nanye into engàtyiwayo ngokunokwayo. Kodwa kulowo uthi into ayityiwa, ayityiwa ke.

15Ukuba uyamhlungisa umwenu ngento osukuba uyitya, inkqubo yakho ayiseyiyo eyothando. Musa ukuthi ngenxa yokutya okutyayo umtshabalalise lowo uKrestu wamfelayo.

16Inkululeko eninayo ekuzikhetheleni ukutya mayingabangi kungcikivana.

17Kaloku ukukholisa uThixo akungakutya nakusela; kodwa kukwenza ubulungisa, sinoxolo novuyo, silawulwa nguMoya oyiNgcwele.

18Owenjenjalo ke ukhonza uKrestu, ukholekile kuThixo, waye usulungekile emehlweni abantu.

19Ngoku ke masizondelele izinto zoxolo nezokwakhana.

20Musa ukuthi ngenxa yokutya uwuchithe umsebenzi kaThixo. Okunene konke ukutya kunyulu, kodwa kuba yinto embi kulowo uthi ngenxa yokutya abe sisikhubekiso komnye.

21Kulungile ukuba ungatyi nyama, ungaseli tywala, ungenzi nantoni na engámkhubekisayo umwenu.

22Unaluvo luthile na ngale ndawo yokutya? Hlala unalo ke phambi koThixo! Uyavuya lowo ungenasazela ngento ayityayo!

23Kodwa ke lowo uthandabuzayo xa atyayo, selegwetyiwe, kuba akatyi ekholwa. Yonke ke into ayenzayo umntu engaqinisekanga ukuba iyamkholisa uThixo isisono.

KwabaseRoma 15

UKrestu umzekelo wokungazikholisi

© 1996 Bible Society of South Africa.

1Thina ke sinokholo olomeleleyo simelwe kukuthwalisana ubunzima nabo balukholo lubuthathaka. Masingazikholisi thina ziqu,

2koko masithi sonke ngabanye sikholise abamelwane bethu ezintweni ezilungileyo ezinokulukhulisa ukholo lwabo.

3Kaloku naye uKrestu akazikholisanga, njengoko nazo iziBhalo zitshoyo ukuthi: “Izingcikivo zabakungcikivayo zathwalwa ndim.”

4Kaloku zonke izinto eziseziBhalweni zabhalelwa ukusifundisa, khon' ukuze sihlale sihleli sinethemba ngonyamezelo nenkuthazo esizifumana kuzo iziBhalo.

5Wanga ke uThixo, osinika unyamezelo nenkuthazo, anganenza nibe moya mnye ngokwentando kaKrestu Yesu,

6ukuze nithi, ngamxhelo mnye, nimdumise ngazwi-nye uThixo, uYise weNkosi uYesu Krestu.

7Yamkelanani ke, njengokuba naye uKrestu wasamkelayo, ukuze adunyiswe uThixo.

8Ke kaloku ndithi, uKrestu waba ngumkhonzi wamaJuda, ukubonisa ukuba uThixo unyanisekile, uyazizalisekisa izithembiso awazenzayo kumanyange.

9Ngokunjalo uKrestu wayenza le nto ukuze neentlanga zimdumise uThixo ngenxa yenceba yakhe, njengoko iziBhalo zitshoyo ukuthi: “Ngenxa yoko ndiya kukudumisa phakathi kweentlanga, ndiliculele indumiso igama lakho.”

10Kananjalo zithi: “Yibani nemihlali ndawonye nabantu bakhe, nina zintlanga.”

11Kananjalo: “Yidumiseni iNkosi, nonke nina zintlanga; yibongeni, nonke nina zizwe.”

12Kananjalo noIsaya uthi: “Liya kubakho iHlumelo likaJese. Uya kuvela oya kulawula iintlanga. Ziya kuthembela kuye izizwe.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Wanga ke uThixo, umthombo wethemba, angáthi ngokukholwa kwenu anivuyise kakhulu, aniphe uxolo, ukuze ithemba lenu liye lisanda ngokwanda ngamandla oMoya oyiNgcwele.

Umsebenzi kaPawulos

14Mawethu, ndiqinisekile ukuba ningabantu abalungileyo, abanolwazi olunzulu, abanako nokucebisana.

15Kodwa ke, mawethu, kwezinye iindawo ndinibhalele ndithetha ngokuphandle, ndinikhumbuza kwakhona ngeendawo ezithile. Ndithethe ngokuphandle ngenxa yobabalo uThixo awandibabala ngalo,

16ubabalo ke lokuba ngumkhonzi kaKrestu Yesu olungiselela iintlanga. Ngokushumayela iindaba ezimnandi zikaThixo ndisebenza okombingeleli, ukuze iintlanga zibe nokuba lidini elamkelekileyo kuThixo, lingcwaliswe nguMoya oyiNgcwele.

17Ekubeni ndimkhonza ngolu hlobo uThixo, ndimanywe noKrestu Yesu, ndifanele ukuba neqhayiya.

18Ke mna andinabuganga bakuthetha nto ngazinto angazisebenzanga ngam uKrestu. UKrestu wasebenza ngam ukuze iintlanga zimlulamele, esebenza ngamazwi am nangezenzo zam,

19esebenza ngamandla emiqondiso nemimangaliso, nangamandla oMoya. Ndithe ke ndaqala eJerusalem, ndajikeleza ndaya kutsho nakwelaseIliriko, ndizivakalisa kuyo yonke indawo iindaba ezimnandi zikaKrestu.

20Ndihlala ndizimisele ukushumayela iindaba ezimnandi apho kungekaviwa nto khona ngoKrestu, ukuze ndingakhi phezu kwesiseko somnye,

21kodwa kube njengoko iziBhalo zitshoyo ukuthi: “Abo bangaxelelwanga nto ngaye, baya kubona; nabo bengevanga nto, baya kuqonda.”

22Ngenxa yoko bendisoloko ndixakekile, andabi nako ukunihambela.

23Ngoku ke, ekubeni ndingasenandawo emandiyihambele kule mimandla, nasekubeni ndineminyaka emininzi ndilangazelela ukunihambela,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

24ndothi ke xa ndihambela eSpeyini, ndinityelele nani, kuba ndinethemba
lokunibona xa ndigqitha apho. Emva kokuba ke sendikhe ndaba lundwendwe
phakathi kwenu okwexeshana, ndinethemba lokuba nondixhasa ukuya
eSpeyini.

25Kodwa okwangoku ndisaya eJerusalem, ukuya kulungiselela abantu
bakaThixo.

26Kaloku kwakholeka kwabaseMakedoni nabaseAkaya ukuba babancede
abantu bakaThixo baseJerusalem abasweleyo.

27Benjenjalo kuba babemelwe kakade kukwenjenjalo. Kaloku ekubeni
amakholwa angamaJuda ethe anikela ngezinto ezizezoMoya kwiintlanga,
kufanelekile ukuba namakholwa aziintlanga anikele kumaJuda ngezinto
zokuxhasa ubomi.

28Ndakuba ke ndiwugqibile lo msebenzi, ndiyinikele kuwo loo mali, ndothi
xa ndiya eSpeyini, ndinityelele.

29Xa ndinityelelayo ke, ndiqinisekile ukuba ndoniphathela zonke iintsikelelo
asisikelela ngazo uKrestu.

30Ke kaloku, mawethu, ndiyanibongoza ngenxa yeNkosi yethu uYesu Krestu
nangenxa yokusithanda kwakhe uMoya, ukuba nindithandazele kuThixo,
njengokuba nam ndizithandazela.

31Ndithandazela ukuba ndihlangulwe kwabangamphulaphuliyo uThixo
abakwelakwaJuda. Ndithandazela nokuba kwamkeleke ukubalungiselela
kwam abantu bakaThixo abaseJerusalem,

32khon' ukuze ndinihambele ngovuyo ngemvume kaThixo, sichwayitisane.

33Ke kaloku uThixo, imbangi yoxolo, makabe nani nonke. Amen.

KwabaseRoma 16

Imibuliso kaPawulos

1Ke kaloku ndimyaleza kuni udade uFibhi, oligosakazi kwibandla
eliseKenkreya.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

2Mamkeleni egameni leNkosi njengokuba nifanele ukwenjenjalo ningabantu
bakaThixo nje. Mncedeni emicimbini asukuba efuna uncedo lwenu kuyo,
kuba naye ngokwakhe wanceda abantu abaninzi, endingomnye wabo nam lo.

3Imibuliso kuPriska noAkwila, abasebenzela uKrestu Yesu njengam.

4Kaloku bona bâbubeka esichengeni ubomi babo ngenxa yam, nto leyo ke
ekungabuleli mna ndedwa kubo ngayo, koko kubulela nawo onke amabandla
asezintlangeni.

5Libuliseni kwanebandla elihlanganela endlwini yabo. Ndibuliseleni
kuEpeneto, umhlobo wam othandekayo, owaba ngowokuqala ukukholwa
kuKrestu eAsiya;

6nindibulisele nakuMariya owabulaleka kakhulu ngenxa yenu.

7Imibuliso kuAndroniko noJuniya, amawethu awayebanjwe kunye nam. Bona
baxatyisiwe kakhulu ngabathunywa bakaKrestu, kwaye bâkholwa kuKrestu
ngaphambi kwam.

8Ndibuliseleni kuAmpliyato, umhlobo wam othandekayo eNkosini.

9Imibuliso ku-Urbhano, osebenzela uKrestu kunye nam, nakuStaki, umhlobo
wam othandekayo.

10Ndibuliseleni nakuApele ovavanyiweyo waza wafumaneka ethembekile
kuKrestu. Imibuliso kwabakwa-Aristobhulo.

11Ndibuliseleni kuHerodiyo umwethu. Imibuliso kwabakwaNarkiso
abakholwayo eNkosini.

12Imibuliso kuTrifena noTrifosa abayisebenzele kangaka iNkosi. Ndibuliseleni
kuPersi othandekayo, obulaleke gqitha emsebenzini weNkosi.

13Imibuliso kuRufo umnyulwa weNkosi, nakunina, onjengomama kum.

14Imibuliso kuAsinkrito, uFilego, uHerma, uPatrobha, uHerme, namawethu
akunye nabo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15Imibuliso kuFilologo noJuliya, uNere nodade wabo, no-Olimpa, nabo bonke abantu bakaThixo abakunye nabo.

16Bulisanani ngokwamakholwa. Ayanibulisa onke amabandla kaKrestu.

Imiyalelo yokuqukumbela

17Ke kaloku, mawethu, ndiyaniyala: balumkeleni abaxabanisayo nabakhubekisayo, besenza okuchaseneyo nemfundiso enayifundiswayo nina. Zikhwebuleni kubo.

18Abantu abanjalo àbakhonzi yona iNkosi yethu uYesu Krestu. Hayi, basebenzela izisu zabo. Ngamazwi abo amnandi bayakhohlisa, balukuhle iintliziyo zabantu abanyulu.

19Bonke bavile ngokumlulamela kwenu uKrestu; into ke leyo endivuyisayo ngani. Ndinga ke ningaba zizilumko okunene kokulungileyo; kodwa ningabi zizo kokubi.

20Ke uThixo, imbangi yoxolo, uya kumnyhasha kamsinya uSathana phantsi kweenyawo zenu. Ubabalo lweNkosi yethu uYesu Krestu malube nani.

21Uyanibulisa uTimoti osebenza nam, noLukiyo, noJason, noSosipatro, amawethu.

22Nam Tertiyo osandla siyibhalileyo le ncwadi, ndiyanibulisa ndingoweNkosi nje.

23Uyanibulisa uGayoendilundwendwe lwakhe, yena lihlanganela endlwini yakhe lonke ibandla. Uyanibulisa uErasto unondyebo wedolophu, noKwarto umwethu.

[24Ubabalo lweNkosi yethu uYesu Krestu malube nani nonke. Amen.]

Ilizwi lokudumisa uThixo

25Masimdumise uThixo, yena onako ukunizinzisa elukholweni ngokweendaba ezimnandi endizivakalisayo, ndishumayela uYesu Krestu. Ezi ndaba zityhila imfihlakalo eyayikade ifihliwe mandulo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

[26]Ngoku ke ibonakalisiwe. Yile mfihlakalo ke yayixelwa zizibhalo zabashumayeli. Babesenjenjalo ngokuyalelwa nguThixo ohlala ehleli. Lo myalelo uThixo uwenze ukuze kubekho abakholiweyo nabamthobelayo kuzo zonke iintlanga.

[27]Ke uThixo uSobulumko makadunyiswe kude kube ngunaphakade ngenxa kaYesu Krestu. Amen.

© 1996 Bible Society of South Africa.

1 KwabaseKorinte

1 KwabaseKorinte 1

Isingeniso

1Kubhala mna Pawulos ndibizwe ndangumthunywa kaYesu Krestu
ngokuthanda kukaThixo. Ndibhala ndikunye noSosteno uwethu.

2Ndibhalela ibandla likaThixo eliseKorinte, abakhethwe ngokumanywa
noKrestu Yesu, bebizelwe ukuba yimilowo yakwaThixo ndawonye nabo
bonke abalinqulayo ezindaweni zonke igama leNkosi yethu uYesu Krestu,
oyiNkosi yabo kwaneyethu.

3Kuni ke ndithi: Makube sisisa, kube luxolo oluvela kuThixo uBawo wethu,
neNkosi uYesu Krestu.

Umbulelo

4Ndihlala ndimbulela ngani uThixo wam ngenxa yesisa anibabale ngaso
ngokunimanya noYesu Krestu.

5Kaloku, nimanyene noKrestu nje, ninendyebo ngezinto zonke, ekuthetheni
nasekwazini ngokupheleleyo.

6Kaloku iindaba ezingoKrestu zithe zamila kuni,

7kangangokuba aniphoswanga nasinye isipho esivela kuThixo ngeli xesha
nikulindeleyo ukubonakala kweNkosi yethu uYesu Krestu.

8INkosi uYesu Krestu iya kunomeleza kude kube sekupheleni, ningabi nabala
ngeMini yayo.

9Uthembekile uThixo, yena wanibizayo ukuba nibe nobudlelane noNyana
wakhe uYesu Krestu iNkosi yethu.

Ukungavisisani ebandleni

10Egameni leNkosi yethu uYesu Krestu ndiyanibongoza, mawethu, ukuba
nivane, nithethe nto-nye, kungabikho zimbambano phakathi kwenu.
Manyanani nibe luqilima, nimxhelo mnye, ninazimvo zinye.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Kuba kaloku, mawethu, ndixelelwe ngani ngabakuloKlowe ukuba kukho
ukungavisisani phakathi kwenu.

12Ndithetha le nto yokuba kuthiwa omnye kuni uthi: “Mna
ndingokaPawulos;” omnye athi: “Mna ndingoka-Apolo;”omnye athi: “Mna
ndingokaPetros;” omnye ke athi: “Mna ndingokaKrestu.”

13Ngaba wahluka-hlukene na uKrestu? Ngaba nguPawulos na owabethelelwa
ngenxa yenu? Ngaba nabhaptizwa egameni likaPawulos na?

14Ndiyambulela uThixo kuba ndingabhaptizanga namnye kuni ngaphandle
kukaKrispo noGayo,

15ukuze kungabikho mntu uthi ndabhaptiza egameni lam.

16Gxebe, ndabhaptiza noStefano nendlu yakhe. Ngaphandle kwabo ke,
andikhumbuli ukuba ndabhaptiza wumbi.

17Kakade uKrestu akandithumanga kubhaptiza; wandithuma ukushumayela
iindaba ezimnandi, kungabi ngabuciko bakuthetha, ukuze umnqamlezo
kaKrestu ungalanjathiswa.

UKrestu ungamandla nobulumko bukaThixo

18Kaloku udaba lokufa kukaKrestu emnqamlezweni okunene lububudenge
kwabatshabalalayo, kodwa kuthi, thina basindiswayo, lungamandla kaThixo.

19Kaloku iziBhalo zitsho ukuthi: “Ndiya kububhangisa ubulumko bezilumko;
ukuhlakanipha kweengqondi ndikuphuthise.”

20Xa kunjalo ke ziphi na izilumko, ziphi na iingqondi, ephi na wona amaciko
eli hlabathi? Kaloku uThixo ubonakalisile ukuba ubulumko beli hlabathi
bubudenge.

21UThixo ngobulumko bakhe ubone okokuba ihlabathi malingabi nako
ukumazi ngobalo ubulumko. Hayi, kwakholeka kuThixo ukuba abo
bakholwayo abasindise “ngobudenge” belizwi esilishumayelayo.

22AmaJuda afuna umqondiso; amaGrike wona afuna ubulumko;

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

23ke thina sivakalisa uKrestu ebethelelwe emnqamlezweni; into ke leyo esisikhubekiso kumaJuda nebubudenge kumaGrike.

24Ke kwabo babiziweyo, amaJuda kwanamaGrike, sivakalisa uKrestu ongamandla nobulumko bukaThixo.

25Kaloku into kaThixo ebubudenge, inobulumko kuneyabantu; nento kaThixo engathi ayinamandla, yomelele kuneyabantu.

26Mawethu, yikhumbuleni into enaniyiyo ukubizwa kwenu nguThixo. Babembalwa kuni abazizilumko ngokomgangatho wabantu, bembalwa abanamandla, bembalwa abangabantwana begazi.

27Kodwa uThixo usuke wanyula izinto ezibonakala ngathi zibubudenge ebantwini, ukuze ngokwenjenjalo adanise izilumko. Ngokunjalo ke uThixo unyule nezinto ezibonakala ngathi azinamandla ngokwabantu, ukuze ngokwenjenjalo adanise abanamandla.

28Ewe, uThixo unyule izinto ezibonakala zidelekile ebantwini, ngathi azinto yanto, azikho nokubakho, ezinyulela ukuze aphuthise ngazo izinto ezibonakala ngathi zibalulekile ebantwini.

29Xa kunjalo ke akukho namnye unokuqhayisa.

30Kaloku uThixo unimanye noKrestu Yesu osityhilela bonke ubulumko bukaThixo. Ngaye uThixo usenza amalungisa, asenze imilowo yakwakhe, asinike inkululeko.

31Ngoko ke, njengoko iziBhalo zitshoyo: “Oqhayisayo makaqhayise ngeNkosi.”

1 KwabaseKorinte 2

UPawulos ushumayela uKrestu obethelelwe emnqamlezweni

1Mawethu, ngokuya bendinihambele ukuze ndinazise iindaba zikaThixo ebezingaziwa mntu, andizanga ngabuciko bakuthetha nalwazi.

2Kaloku ndagqiba kwelokuba ndingazi nto phakathi kwenu, ingenguye uYesu Krestu, naye ke ebethelelwe emnqamlezweni.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Ndathi ke, ndakufika kuni, ndaba ngobuthathaka, ndinoloyiko, ndigubha kakhulu.

4Ukuthetha kwam nokuvakalisa kwam uKrestu akubanga ngabuciko. Hayi, kube kukubonakalisa amandla oMoya kaThixo.

5Ngoko ke ukholo lwenu malungaxhomekeki bucikweni bamntu, kodwa malusekelwe ngamandla kaThixo.

Ubulumko bukaThixo

6Kambe ke into endiyithethayo ibubulumko kwabo bavuthiweyo. Kodwa ke obo abububo ubulumko beli phakade, bungebubo nobabaphathi balo ababhangayo.

7Ndixela ubulumko bukaThixo obungaziwa mntu, awathi uThixo kwangaphambi kokudalwa kwehlabathi wabumisela ukuze sibe nodumo ngenxa yabo.

8Akubangakho namnye ke wabaphathi beli hlabathi ubazileyo obo bulumko, kuba, ukuba babebazile, ngebengayibethelelanga emnqamlezweni iNkosi enobungangamsha.

9Kodwa ke kunjengoko zitshoyo iziBhalo ukuthi: “Izinto ezingabonwanga liso, nezingaviwanga ndlebe, nezingathanga qatha ntliziyweni yamntu, zezi kanye uThixo wazilungiselela abo bamthandayo.”

10UThixo wazityhila kuthi ke ezi ndaba ngoMoya wakhe; kuba uMoya uphengulula zonke izinto, nobunzulu bobume bukaThixo.

11Kanene yintoni na emntwini ebaziyo ubume bomntu, ingenguwo umoya womntu ongaphakathi kwakhe? Ngokunjalo nobume bukaThixo akukho namnye ubaziyo, ingenguye uMoya kaThixo.

12Ke thina asamkelanga moya simnikwe ngabantu; samkele uMoya esimnikwe nguThixo, ukuze sizazi izinto uThixo asibabale ngazo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Ezi zinto ke sizithethayo asizithethi ngabuciko sibunikwe ngumntu, kodwa
sizithetha ngobulumko esibunikwe nguMoya oyiNgcwele. Sicacisa izinto
ezizezoMoya ngamazwi esiwanikwa nguMoya.

14Ke umntu ongenaye uMoya akazamkeli izinto zoMoya kaThixo, kuba
zibubudenge kuye. Kaloku akanakuziqonda, kuba ukuxabiseka kwazo
kuqondwa kuphela ngulowo ukhokelwa nguMoya.

15Ke umntu okhokelwa nguMoya okunene uyakwazi ukuzicalula zonke izinto,
kodwa yena ngokwakhe akanakuphengululwa ngabangakhokelwa nguMoya.

16Kunjengoko zitshoyo iziBhalo ukuthi: “Ngubani na ozaziyo iingcamango
zeNkosi; ingubani na onako ukuyicebisa?” Kaloku thina sicinga nto-nye
noKrestu.

1 KwabaseKorinte 3

Abancedisayo emsebenzini kaThixo

1Nam ke, mawethu, bendingenako ukuthetha nani ngendlela endithetha
ngayo nabo banaye uMoya, kodwa kwakufuneka ndithethe nani ngendlela
endithetha ngayo nabo baselula, baseziintsana kwihambo yobuKrestu.

2Ndaniseza ubisi, andanipha kutya kuqinileyo, kuba naningekakufaneli.Kanti
ke unangoku anikakufaneli,

3kuba nisaziphethe ngokwesimo esidala. Kaloku xa ninomona, neenkani,
nixabana, niziphatha ngokwesimo esidala, nilinganisa abantu.

4Kakade anilinganisi bantu xa omnye athi: “Mna ndingokaPawulos,” wumbi
athi: “Mna ndingoka-Apolo”?

5Xa ndingubani mna Pawulos, engubani yena uApolo? Sizizicaka nje
zikaThixo kuphela, ezinincedayo ukuba nikholwe. Umntu ngamnye kuthi
wenza umsebenzi awunikwe yiNkosi.

6Mna ndatyala, uApolo yena wankcenkceshela,kodwa ke nguThixo
okhulisayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Ngoko ke lowo utyalayo akabalwa, nalowo unkcenkceshelayo akabalwa;
obalulekileyo nguThixo, yena ukhulisayo.

8Lowo utyalayo ke uyafana nalowo unkcenkceshelayo, kodwa elowo kubo
uya kwamkela umvuzo ngangokubulaleka kwakhe.

9Thina singabancedisanayo emsebenzini kaThixo; intsimi kaThixo ke nini.
Ngenye indlela nisisakhiwo sikaThixo.

10Ngesisa endisenzelwe nguThixo ndasibeka isiseko ngokwegcisa lomakhi.
Omnye ke wakha phezu kwaso. Elowo ke makayigqale indlela akha ngayo
phezu kwesi siseko.

11Kaloku akukho bani unokubeka siseko simbi ngaphandle kweso sabekwa
nguThixo, eso ke singuYesu onguKrestu.

12Kunokwakhiwa ngezinto ezahluka-hlukeneyo phezu kwesi siseko.
Kunokwakhiwa ngegolide, ngesiliva, nangamatye anqabileyo; kunokwakhiwa
ngamaplanga, ngengca, nangeendiza.

13Umsebenzi womntu ngamnye uya kucaca ngemini yomgwebo, kuba ngaloo
mini umlilo uya kuwubonakalisa umsebenzi womntu ngamnye, uphicothe
ubunjani bawo.

14Ukuba into akhe ngayo umntu phezu kwesi siseko ayitshanga, uya
kwamkela umvuzo.

15Ke ukuba ithe yatsha, umntu lowo wolahlekelwa ngumvuzo; ke yena
ngokwakhe wosindiswa, kodwa ke ange ucande emlilweni.

16Anazi na ukuba nina niyindlu kaThixo? Anazi na ukuba uMoya kaThixo
uhlala ngaphakathi kwenu?

17Ukuba umntu uyayonakalisa indlu kaThixo, uThixo uya kumohlwaya, kuba
indlu kaThixo ingcwele – nina ke niyiloo ndlu.

18Makungabikho namnye uzikhohlisayo. Ukuba ubani kuni uba usisilumko
kweli hlabathi, makabe “sisidenge” ukuze abe sisilumko ngenene.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Kaloku ubulumko beli hlabathi bubudenge kuThixo. Kaloku iziBhalo zitsho
ukuthi: “UThixo uyazibambisa izilumko kubuqhetseba bazo;”

20ziphinde zithi: “INkosi iyazazi ukuba zingamampunge iingcamango
zezilumko.”

21Ngoko ke makungabikho namnye uqhayisa ngezinto ezenziwa ngabantu.
Kaloku izinto zonke zezenu:

22nokuba nguPawulos, nokuba nguApolo, nokuba nguPetros, nokuba
lihlabathi, nokuba bubomi, nokuba kukufa, nokuba zizinto ezikhoyo, nokuba
zeziza kubakho; zonke ezo zinto zezenu.

23Kodwa ke nina ningabakaKrestu, uKrestu yena ngokaThixo.

1 KwabaseKorinte 4

Abathunywa bakaThixo

1Makenjenje ke umntu ukucinga ngathi, athi sizizicaka zikaKrestu,
singamagosa eendaba zikaThixo ebezingaziwa.

2Into elindelekileyo ke kumagosa kukuba ahlale ethembekile.

3Ke mna andikunanze nganto ukuziphendulela kuni okanye enkundleni
eyeyabantu. Ewe, nam andiziphicothi ngokwam.

4Akukho nto ndinasazela ngayo, kodwa loo nto ayithethi kuthi ndimsulwa.
Kaloku umgwebi wam yiNkosi.

5Ngoko ke musani ukugweba mntu ngaphambi kwexesha lokufika kweNkosi.
Yona iya kuzityhila izinto zobumnyama ezifihliweyo, ekufikeni kwayo,
iziveze ekuhleni iingcinga zabantu. Wothi ke elowo nalowo awongwe
nguThixo ngokumfaneleyo.

6Ezi zinto, mawethu, ndizilinganisela ngam noApolo ngenxa yenu, ukuze
nifunde kuthi apha, nize ke, njengoko zitshoyo iziBhalo, ningabi nakratshi.
Ke musani ukuqhayisa ngothile nize nimdele omnye.

© 1996 Bible Society of South Africa.

7Kambe ngubani othe wena ubalulekile kunabanye; iyintoni yona onayo ongayiphiwanga nguThixo? Phofu ke, ukuba uphiwe, uqhayiselani ngokungathi akuphiwanga?

8Ngathi senide nadikwa njê; ngathi senizizityebi njê; ngathi senide naziinkosi njê, ndingekabi yiyo nam! Akwaba beniziinkosi nyhani-nyhani, ukuze nam ndibuxhamle ubukhosi obo benu!

9Kuba kum ngathi uThixo thina bathunywa bakhe usinika eyona ndawo iphantsi, ngathi singabamiselwe ukufa, senziwe umboniso oyintlekisa ehlabathini, kwizithunywa zezulu nasebantwini.

10Andithi thina siziziyatha kaloku ngenxa kaKrestu, nibe ke nina niziingqondi ngokumanywa noKrestu, ngabula nina! Andithi thina siswele amandla; ke nina nomelele! Kaloku nibekekile nina, sibe ke thina sidelekile!

11Kude kube ngôkunje siyalamba, siyanxanwa, siyadlakazela, siyadlakathiswa, siyabhadula,

12siyabulaleka sisebenza nzima sizixhasa. Sakuthukwa, siyasikelela; sakutshutshiswa, siyanyamezela;

13sakunyeliswa, siyacenga. Kude kube ngoku siphethwe okwenkunkuma yehlabathi, umququ wezinto zonke.

14Ezi zinto andizibhaleli kuba nenyele; hayi, ndizibhalela ukuniluleka. Kaloku ningabantwana bam endibathandayo.

15Nokuba ningade nibe namawaka-waka abafundisi abanifundisa ngoKrestu, mnye yena uyihlo kodwa. Ndim ke lowo, kuba namanywa noKrestu ngokuziva ngam iindaba ezimnandi; ndafana nonizeleyo ke.

16Ndiyanibongoza ke, xelisani mna.

17Ngenxa yoko ndinithumela uTimoti ongunyana wam endimthandayo, othembekileyo ekuyikhonzeni iNkosi. Yena uya kunikhumbuza ngeemfundiso zam ngoKrestu, ezi ndizifundisayo ezindaweni zonke kuwo onke amabandla.

18Abanye benu basuke bakhukhumala ngokungathi andisayi kuze ndize apho.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Ndiya kunihambela kamsinya, emandleni eNkosi, ukuze ndinganeli nje
kuva kucikoza kwâbo bazidlayo, kodwa ndiwubone nomsebenzi wabo.

20Kaloku ulawulo lukaThixo alungabuciko, lungamandla kaMoya.

21Nikhetha ntoni ke? Ngaba nifuna ndize kuni ndiphethe uswazi, okanye
nifuna ndize ndinothando nobubele?

1 KwabaseKorinte 5

Umbulo ebandleni

1Ndiva kusithiwa kukho umbulo phakathi kwenu. Lowo ke ngumbulo
onganyamezelekiyo naphakathi kweentlanga. Ndithetha lo wokuba umntu
ahlalisane nomfazi kayise.

2Ningathini ke ukuzidla? Benimelwe kukwenyela, nimsuse phakathi kwenu
lowo wenze loo ntlondi.

3Mna ke, ndingekho nje okunene ngesiqu (kodwa ndikho ngomoya) sendide
ndagqiba ngokungathi ndikho, malunga noyenzileyo loo nto.

4Ndigqibe kwelithi xa nihlangene egameni leNkosi yethu uYesu Krestu, nam
ndikho ngomoya, amandla eNkosi yethu uYesu Krestu esixhasa,

5makanikelwe onjalo kuSathana, ukuze umzimba wakhe utshatyalaliswe,
ngenjongo yokuba umoya wakhe ube nokusindiswa ngomhla womgwebo.

6Hayi ukunyanyeka kweqhayiya lenu! Anisazi kakade isaci esithi: “Igwele
elincinane libilisa intlama iphela”?

7Likhupheni ngoko liphele tu igwele elidala elonakalisayo, ukuze nibe
yintlama entsha. Kaloku niyintlama engenagwele, kuba iPasika yethu
seyilungisiwe, ethe nje uKrestu, ixhwane lethu lePasika, wenziwa idini.

8Ngoko ke itheko lethu masingalityi ngasonka sinegwele elidala, elikukona
nobubi, kodwa masilitye ngesonka esingenagwele, isonka sobunyulu
nenyaniso.

9Kwincwadi endanibhalela yona ndathi ze ningadibaniselani nabarheletyi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

10Ke bendingaxeli abarheletyi beli hlabathi, ababawayo, izigebenga, nabakhonza izithixo. Ukuze ningadibaniselani nabo, bekuya kufuneka ningabikho emhlabeni!

11Hayi, bendixela ukuba ningadibaniselani nosukuba ebizwa ngokuba likholwa, ukanti uyarheletya, okanye uyabawa, ukhonza izithixo, okanye uyanyelisa, linxila, okanye limenemene. Ewe, ze ningatyi nokutya oku nonjalo.

12-13Asingomsebenzi wam ukubagweba abangengabo abebandla. Bagwetywa nguThixo bona. Kodwa ngumsebenzi wenu ukubagweba abebandla lenu, njengoko iziBhalo zitshoyo ukuthi: “Ze nimsuse phakathi kwenu lowo ukhohlakeleyo.”

1 KwabaseKorinte 6

Ukumangalelana kwamakholwa

1Xa kukho umntu phakathi kwenu onento afuna ukumangalela omnye ngayo, angathini ukusuka aye kummangalela enkundleni, ukuze ityala lakhe lithethwe ngabangengomakholwa? Kutheni le nto angalisi kumakholwa nje ityala lakhe?

2Anazi na ukuba amakholwa aya kuligweba ihlabathi? Ukuba ke ihlabathi liya kugwetywa nini, ningathini ke ukuxakwa kukuthetha nawona mancinci amatyala?

3Thina siya kugweba nkqu nezithunywa zezulu, singathini ukuxakwa kukugweba izinto zobu bomi?

4Ningathini ke ukusuka niye ematyaleni ngezinto zobu bomi, ukuze amatyala enu athethwe ngabantu abangento ebandleni?

5Niyazihlazisa ke khona! Ngaba akukho nasinye na isilumko phakathi kwenu esinokuwalamla amakholwa?

6Phofu ke lingathini ikholwa ukusuka limangalelane nekholwa enkundleni yabangakholwayo?

© 1996 Bible Society of South Africa.

7Iyimposiso enkulu kambe kwainto yokuba nibe nemicimbi enimangalelana ngayo. Ngekungcono ukuba benivuma ukuba noniwe; ngekungcono ukuba benivuma ukuba niqhathwe.

8Kodwa, nina nisuka none okanye nibaqhathe abanye, nangona bengamawenu!

9Anazi na ukuba abakhohlakeleyo abayi kubuxhamla ubuncwane bokulawulwa nguThixo? Musani ukulahlekiswa: abarheletyi, nabakhonza izithixo, nabakrexezayo, nabafebayo, nabangamadoda alalanayo,

10nabangamasela, nababawayo, nabangamanxila, nabathukayo, nabazizikrelemnqa, abanakubuxhamla ubuncwane bokulawulwa nguThixo.

11Kanti abanye kuni babenjalo kanye, kodwa nahlanjwa, nenziwa imilowo, naba ngamalungisa phambi koThixo ngenxa yegama leNkosi uYesu nangoMoya kaThixo wethu.

Dumisani uThixo ngemizimba yenu

12Ubani unokuthi: “Zonke izinto zivumelekile kum.” Ewe, kunjalo, kodwa azikulungelanga zonke. Nam bendinokuthi: “Zonke izinto zivumelekile kum;” kodwa ngekhe ndinikezele ukuze ndilawulwe nayiyiphi na into.

13Omnye unokuthi: “Ukutya kokwesisu, nesisu sesokutya.” Ewe, kunjalo, kodwa uThixo wokutshabalalisa kokubini. Ke wona umzimba asingowokurheletya, ngoweNkosi; nayo iNkosi yeyomzimba.

14UThixo ke owayivusayo kwabafileyo iNkosi, uya kusivusa nathi ngamandla akhe.

15Anazi na ukuba imizimba yenu ngamalungu omzimba kaKrestu? Ngaba ndinokuthi ke ndiwathathe amalungu kaKrestu ndiwenze amalungu esifebe? Unotshe!

16Ngaba anazi na ukuba ozimanya nesifebe umzimba mnye naso? Kaloku iziBhalo zithi: “Abo babini boba mzimba mnye.”

17Ke ozimanye neNkosi umoya mnye nayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

18Kucezeleni ukurheletya. Ezinye izono umntu anokuzenza aziwungcolisi umzimba, kodwa yena umrheletyi wona umzimba wakhe.

19Anazi na ukuba imizimba yenu yindlu kaMoya oyiNgcwele, ahlala kuyo, evela kuThixo? Kaloku aningobenu;

20ningabakaThixo owanithenga ngexabiso elikhulu. Mdumiseni ke uThixo ngemizimba yenu.

1 KwabaseKorinte 7

Iingxaki ezimalunga nomtshato

1Ngoku ke mandiphendule umbuzo wenu. Kulungile ukuba indoda ingabi nanto yakwenza nomntu obhinqileyo,

2kodwa ukuphepha ukurheletya elowo makabe nowakhe umfazi, aze elowo umfazi abe neyakhe indoda.

3Indoda mayimkholise umfazi wayo; nomfazi makenjenjalo endodeni yakhe.

4Umfazi akanagunya kowakhe umzimba; yindoda enalo. Kwangokunjalo ke nendoda ayinagunya kowayo umzimba; ngumfazi onalo.

5Musani ukwala ukuhlangana, ngaphandle kokuba nivumelene ukungahlangani okomzuzwana, nisenzela ukuba nibe nethuba lokuthandaza. Emva koko ke ze nibuye nihlangane, hleze uSathana anihende ngenxa yokungabi nako kwenu ukuzibamba.

6Xa nditshoyo ke ndiyanicebisa, andiwisi mthetho,

7kuba ndinga bonke abantu bangaba njengam lo. Kodwa ke elowo unesakhe isiphiwo ababalwe ngaso nguThixo. Omnye uba nesipho esithile, wumbi abe nesinye.

8Ke kwabangatshatanga nabahlolokazi ndithi kubalungele ukuba bahlale njengam.

9Kodwa ke, ukuba abanakuzibamba, mabatshate, kuba kulungile ukutshata kunokutshiseka.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

10Ke kwabatshatileyo ndinomyalelo, ongenguwo owam, ongoweNkosi. Lo myalelo ke ngowokuba umfazi otshatileyo makangahlukani nendoda yakhe.

11Kambe ke ukuba uthe wahlukana nayo, makahlale angatshati, okanye makaxolelaniswe nendoda yakhe. Indoda ke yona mayingamali umkayo.

12Ngokubhekiselele kwabanye asinamyalelo siwunikwe yiNkosi. Kodwa mna ndithi kubo, ukuba kukho kholwa lithile linomfazi ongelokholwa, aze umfazi lowo athande ukuhlala nalo, malingahlukani naye.

13Nomfazi onendoda engelokholwa, ize yona ithande ukuhlala naye, makangahlukani nayo.

14Kaloku indoda leyo ingelokholwa uThixo unebango kuyo ngenxa yomfazi wayo, nomfazi lowo ungelokholwa uThixo unebango kuye ngenxa yendoda yakhe. Ukuba bekungenjalo abantwana babo ngebenetyheneba, kanti ke abanalo, kuba uThixo unebango kubo.

15Kodwa ke ukuba lowo ungelokholwa uyahlukana nalowo ukholwayo, makayekwe. Xa kunjalo indoda leyo ikholwayo nokuba ngumfazi akabotshelelwanga. Kaloku uThixo wasibizela ukuhlala ngoxolo.

16Kanene wazi ngani na, wena mfazi, ukuba akuyi kuyisindisa indoda yakho? Wena ndoda, wazi ngani na ukuba akuyi kumsindisa umfazi wakho?

Hlala ukwimeko owabizwa nguThixo ukuyo

17Elowo makahlale ekwimeko ayiphiwe yiNkosi, imeko awabizwa nguThixo ekuyo. Nantso ke into endiyifundisayo kuwo onke amabandla.

18Ukuba ubani uthe wabizwa engowalukileyo ngokomthetho kaMosis, makangazenzi ongalukanga. Ukuba ubani uthe wabizwa engalukanga, makangaluki.

19Ukwaluka oku akunto, nokungaluki oku akunto, eyona nto kukugcina imiyalelo kaThixo.

20Elowo makahlale ekwimeko abizwe ekuyo nguThixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

21Wâbizwa ulikhoboka na? Mayingakukhathazi le nto, kodwa ukuba
unokukhululeka, khululeka.

22Kaloku lowo wabizwa yiNkosi elikhoboka, ngumkhululwa weNkosi.
Ngokunjalo nalowo wabizwa yiNkosi engokhululekileyo, likhoboka
likaKrestu.

23UThixo wanithenga ngexabiso elikhulu; musani ke ukuba ngamakhoboka
abantu.

24Mawethu, elowo makahlale ekuloo meko wabizwa ekuyo.

Iingxaki ezimalunga nabantu abangatshatanga kunye nabahlolokazi

25Ngokubhekiselele ezintombini asinamyalelo sawunikwayo yiNkosi. Kodwa
njengamntu owenzelwe inceba yiNkosi ndaza ndathembeka, ndibona ngolu
hlobo:

26Ngenxa yeengxaki ezikhoyo kule mihla, ndibona ukuba kulungile ukuba
umntu ahlale njengoko anjalo.

27Ukuba unomfazi, musa ukufuna ukwahlukana naye; ukuba awunaye, musa
ukuba samfuna umfazi.

28Kodwa ke ukuba uyatshata akonanga; kanti nokuba intombi iyenda,
ayonanga. Kodwa ke abatshatileyo baya kuhlala befikelwa ziingxaki, kanti
bendingathandi ukuba kube njalo.

29Ndithetha ukuthi ke, mawethu, ixesha liyemka. Ke ngoko abanabafazi
mababe njengabangenabo;

30abalilayo mababe njengabangaliliyo; abavuyayo mababe
njengabangavuyiyo; abathengayo mababe njengabangenanto;

31abasebenza ngezinto zeli hlabathi, mababe njengabangasebenziyo ngazo.
Kaloku eli hlabathi aliyi kuhlala liyiloo nto liyiyo ngoku.

32Ndithanda ukuba ningabi naxhala. Ongazekanga ukhuthalele izinto
zeNkosi, kuba ezimisele ukuyikholisa iNkosi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

33Ozekileyo yena ukhuthalele izinto zehlabathi, kuba ezimisele ukukholisa umkakhe,

34abe nengqondo ebetha-bethanayo. Umfazi ongenandoda nentombi bakhuthalele izinto zeNkosi, bezimisele ukuzinikela ngomzimba nangomoya. Owendileyo ke ukhuthalele izinto zehlabathi, kuba ezimisele ukukholisa indoda yakhe.

35Le nto ndiyithetha ngeenjongo zokuba nilungelwe, ndingajonge kunirhintyela. Ndiyithethela ukuze niyikhonze kakuhle iNkosi ningaphazanyiswa.

36Malunga nabathembiseneyo ke, ukuba umfana unexhala lokuba wode ayihlazise intombi, eziva etshiseka, eqonda ukuba kuyimfuneko ukuba batshate, mabatshate ke njengoko afunayo, kuba akukho sono kuloo nto.

37Kambe ke ozimiseleyo entliziyweni yakhe, engòyiswa kukutshiseka, enamandla okuzeyisa, kananjalo esenzile isigqibo entliziyweni yakhe sokuba angàtshati, uyalungisa ukwenjenjalo.

38Ngoko ke otshatayo uyalungisa, kodwa lowo ungatshatiyo ulungisa ngokukodwa.

39Umfazi ubotshiwe ngumthetho ngalo lonke ixesha isaphilayo indoda yakhe; ke ukuba indoda yakhe ibhubhile, ukhululekile; angatshata nendoda ayithandayo, kodwa ibe yekholwe eNkosini.

40Noko ke uya konwaba ngakumbi ukuba uthe wahlala enjengoko anjalo. Kokwam ukubona ke oko, kanti nam ndiba ndinaye uMoya kaThixo.

1 KwabaseKorinte 8

Iingxaki ezimalunga nokutyiwa kwenyama yedini

1Ke ngoku malunga nokutyiwa kwenyama yedini elenzelwa izithixo: Kakade sonke “sinolwazi,” njengoko kusitshiwo, kodwa olu “lwazi” lungenza ukuba umntu akhukhumale, kanti uthando lona luyakha.

2Umntu oba unolwazi, okunene akakabi nalo ulwazi olululo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Ke umntu omthandayo uThixo, uThixo unobudlelane naye.

4Hee, mandithethe ke ngokumalunga nokutyiwa kwenyama yedini elenzelwa izithixo. Ewe, siyazi ukuba akukho nto isisithixo ehlabathini; siyazi nokuba mnye kuphela uThixo, akukho wumbi.

5Kambe bakho ekuthiwa bangoothixo nokuba basezulwini okanye basehlabathini. Ewe, baninzi ababizwa ngokuthi “thixo” okanye ngokuthi “nkosi.” Nokuba kunjalo ke,

6kuthi mnye uThixo. Yena nguThixo uYise owadala izinto zonke, esikholo yena thina. Inye kuthi neNkosi. Yona nguYesu Krestu, ezabakho ngaye zonke izinto, esikho ngaye nathi.

7Kodwa oku akwaziwa ngabantu bonke. Abanye nangoku basenesazela ngezithixo. Bona ke, xa batya inyama yedini, bayitya ilidini, sithi ke isazela sabo esibuthathaka sibadle.

8Kodwa asinako ukumkholisa uThixo ngento esiyityayo okanye esingayityiyo. Akukho nto iya kusilungela ngakuba singatyanga, kungekho nto iya kusonakalela ngakuba sityile.

9Nakuba kunjalo ke lumkani, hleze ilungelo lenu lokutya nayiphi na inyama libe sisikhubekiso kwabo bangekakhululeki ezithetheni.

10Kaloku xa athe wakubona umntu ongekakhululeki ezithetheni wena “unolwazi” usitya inyama endlwini yezithixo, akayi kusuka aye kuyitya naye, kodwa yena ayitye ilidini elenzelwe izithixo?

11Ngaloo ndlela ke umwenu ongekakhululeki ncam, owafelwa nguKrestu, wotshabalala ngenxa “yolwazi” lwakho olo.

12Kanti xa nisenjenjalo ukona amawenu ngokuwakhubekisa, nona uKrestu.

13Ngenxa yale nto ke ndithi: Ukuba ukutya kuyamkhubekisa umwethu, andisayi kutya nyama naphakade, ukuze ndingamkhubekisi umwethu.

1 KwabaseKorinte 9

Amalungelo neemfanelo zomthunywa

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Andibi kanene ndikhululekile? Ndiba niyaqonda ukuba ndithunyiwe,
ndingumthunywa. Andibi kanene ndambona uYesu iNkosi yethu? Andibi
kanene nina nisisiqhamo somsebenzi endiwenzela iNkosi?

2Ndiqinisekile nokuba abanye bathi andingomthunywa, ndinguye kuni.
Kaloku ukumanyana kwenu neNkosi ngumqondiso wokuba ndithunywe yiyo.

3Ke ukuziphendulela kwabo bandigxekayo ndenjenje:

4Ngaba andinalo mna ilungelo lokuba nditye ndisele?

5Ngaba andinalo mna ilungelo njengabanye abathunywa, abantakwabeNkosi,
noPetros, lokuba ndibe nenkosikazi engumKrestu, ndijikeleze nayo?

6Okanye makube kuphela ndim noBharnabha ekufuneka sitye ukubila
kwethu?

7Lakha lakho phi ijoni elizihlawulela ngokwalo iindleko zalo emkhosini?
Mlimi wuphi olima ajike angasityi isivuno? Nguwuphi umalusi ongazityiyo
izapholo?

8Ngaba ilungelo lam lokuba ngumthunywa lixhomekeke kule mizekeliso
iqhelekileyo kuphela, okanye ngaba nomthetho kaMosis uthetha kwaloo nto
nawo?

9Ewe, kaloku umthetho uthi: “Musa ukuyifaka isicheme inkabi ibhula.” Ke
ngaba ziinkabi zeenkomo zodwa na ezi axela zona uThixo?

10Ngaba asiqukwa na nathi? Ngokuphandle âbhalelwa thina la mazwi. Kaloku
umlimi ulima ngethemba, nalowo ubhulayo ubhula ngethemba lokuba
nesabelo.

11Sahlwayela imbewu kaMoya phakathi kwenu. Nimangaliswa yintoni ke
sakulindela inkxaso kuni?

12Ukuba abanye banelungelo lokulindela iziqhamo ezinjalo kuni,
alingaphezulu na ke elethu ilungelo? Ke thina asenzanga nto ngeli lungelo.
Koko sisuke sanyamezela nayiphi na imeko endaweni yokuba sibe yimiqobo
ethintela ukuhanjiswa kweendaba ezimnandi ezingoKrestu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Anazi na ukuba abo basebenza endlwini kaThixo baphila kwayiyo, baze abo benza amadini eqongeni lamadini bafumane isabelo kuloo madini?

14Ngokunjalo ke iNkosi iyalele ukuba abo bashumayela iindaba ezimnandi zikaThixo baphile zizo.

15Kodwa ke mna andikawabangi la malungelo, futhi ke nokubhala oku andizami kubanga wona. Hayi, ndixolele ukufa endaweni yokwenjenjalo! Akukho namnye uza kulijika ilungelo lam lokuqhayisa, alenze amazwi alambathayo.

16Nokuba ndiyashumayela, andinalungelo lakuqhayisa ngaloo nto. Kaloku ndithunywe ukushumayela. Ngoko ke kungayinto embi gqitha xa ndingazishumayeli iindaba ezimnandi.

17Ukuba bendisebenza ndingathunywanga, bendingade ndilindele umvuzo. Kodwa ke ngoku ndisebenza kuba ndinyanzelekile. Ngoko ke ndifezekisa into elindelekileyo ukuba ndiyenze.

18Uyintoni ke umvuzo wam? Lilungelo lokuba ndizishumayele iindaba ezimnandi ndingahlawulisi, ndingawabangi amalungelo am ngokushumayela iindaba ezimnandi.

19Ndikhululekile; kodwa naxa kunjalo ndizenza isicaka sabantu bonke, ukuze ndizuze babe baninzi kangangoko kunokwenzeka.

20Xa ndisebenza namaJuda, ndiziphatha njengawo, ukuze ndiwazuze. Nangona mna ngokwam ndingekho phantsi komthetho kaMosis, ndiziphatha ngathi ndiphantsi kwawo xa ndisebenza nâbo baphantsi kwawo, ukuze ndibazuze.

21Kwangaloo ndlela, xa ndiphakathi kweentlanga ezingekho phantsi komthetho kaMosis, ndiziphatha njengazo. Le nto ke ayithethi kuthi andiwuthobeli umthetho kaThixo, kuba eneneni ndiphantsi komthetho kaKrestu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22Xa ndiphakathi kwabantu abasephantsi kwesithethe ndiba njengabo, ukuze ndibazuze. Ngoko ke ndiba zizinto zonke kubantu bonke, ukuze ndiyisindise inxalenye yabo xa kunokwenzeka.

23Le nto xa iyonke ndiyenza ngenxa yeendaba ezimnandi, khon' ukuze ndibe nenxaxheba kwiintsikelelo ezifumaneka ngenxa yazo.

24Nani niyazi ukuba kukhuphiswano lweembaleki baba baninzi abazigqatsayo, kodwa mnye kuphela kubo ozuza imbasa. Nani ke balekelani ukuze nifumane imbasa.

25Nabani na ozigqatsayo kukhuphiswano uba phantsi kwengqeqesho engqongqo. Le nto uyayinyamezela khon' ukuze afumane isithsaba esibunayo. Kodwa thina siyenza siza kuzuza isithsaba esingagugiyo.

26Yiloo nto endenza ndithi ngqo, ndisukele ukuya kufika entanjeni. Ikwayiloo nto endenza ndifane nembethi-manqindi engachithi xesha ngokubetha umoya.

27Ndiwuphatha gadalala umzimba wam, ndiwuqhelisa, ukuze uhlale ulawuleka; hleze ndithi ndakuba ndibashumayezile abanye, mna ngokwam ndingamkeleki.

1 KwabaseKorinte 10

Isilumkiso mayela nezithixo

1Kaloku, mawethu, yikhumbuleni into eyabehlelayo ookhokho bethu ababekhokelwa nguMosis. Xa bebonke babekhuselwe lilifu, baza basinda baluwela uLwandle oluBomvu.

2Ukungena kwabo kwelo lifu nokuwela kwabo ulwandle kwaba bubungqina bokuba bangabalandeli bakaMosis.

3Bonke batya ukutya koMoya,

4baza basela isiselo soMoya. Babesela kwelo liwa likaThixo lalisoloko likho. Lona ke iliwa elo lalatha uKrestu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Kodwa ke nangoko uThixo akaneliswanga luninzi lwabo, ngenxa yaloo nto
ke izidumbu zabo zathi saa entlango.

6Ngoku ke zonke ezi zinto ziyimizekelo kuthi ukuze singanqweneli izinto
ezimbi njengabo,

7futhi singanquli izithixo njengoko yênzayo inxalenye yabo. Kaloku iziBhalo
zithi: “Abantu bahlala phantsi batya basela, baza baphakama badlala.”

8Masingarheletyi njengokuba babesenjenjalo abanye babo, kwaza ngamini-
nye kwafa amawaka angamashumi amabini anesithathu.

9Masingamlingi uKrestu njengokuba babesenjenjalo abanye babo, baza
babulawa ziinyoka.

10Musani ukukrokra njengoko babesenjenjalo abanye babo, waza uThixo
wabatshabalalisa.

11Zonke ezi zinto zabahlelayo ziyimizekelo. Zabhalelwa ukuba zibe
sisilumkiso kuthi, thina sidla ubomi kumaxesha okugqibela.

12Nabani na ozicingela ukuba umile makalumke angawi.

13Nasiphi na isilingo esikuhlelayo siyinto eqhelekileyo emntwini. Yena ke
uThixo, ngokuba ethembekile, akayi kukuyekela ulingwe ngokungaphezu
kwamandla akho. Hayi, wosuka akuvulele ikroba lokuphuncula, ukuze ube
nako ukunyamezela.

14Nani ke, zihlobo zam, kucezeleni ukunqula izithixo.

15Ndithetha nani njengabantu bengqiqo, ngoko ke yicaluleni ngokwenu le nto
ndiyithethayo kuni.

16Xa sidumisa uThixo ngokuthatha indebe engumqondiso weentsikelelo
zakhe, ngaba loo nto ayithethi kuthi sinenxaxheba kwigazi likaKrestu? Khona
xa siqhekeza isonka, ngaba loo nto ayithethi kuthi sinenxaxheba kumzimba
kaKrestu?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Kuba kaloku sinye qha isonka; nathi nangona sibaninzi nje, simzimba mnye,
kuba sonke sabelana ngeso sonka sinye.

18Khanikhe nicinge ngenkqubo yamaJuda. Abo balityayo idini baba
nodlelwano noThixo, lo lenzelwa yena eqongeni lamadini.

19Ngaba ke ndithetha ukuthini? Ngaba ndithi makube kukho nto siyiyo
isithixo? Okanye makube ndithi idini elenzelwa sona liba yinto enexabiso?

20Hayi, anditsho. Ndithi amadini enziwa ziintlanga akenzelwa Thixo, enzelwa
iindimoni. Yaye andifuni nibe nanxaxheba neendimoni.

21Aninako ukusela indebe yeNkosi, niphinde nisele eyeendimoni,
ningenakuthatha nxaxheba esithebeni seNkosi, ze niphinde nibe nenxaxheba
nakweseendimoni.

22Makube sifuna iNkosi ikhwelete? Sinamandla thina kunayo kakade?

23“Sivumelekile ukwenza nayiphi na into,” kukho abatshoyo. Ewe kunjalo
kambe, kodwa azilunganga zonke izinto. Ewe: “Sivumelekile ukwenza
nayiphi na into,” kodwa izinto azakhi zonke.

24Makungabikho bani ufuna ukulungelwa yedwa; elowo makakhathalele
nokwabanye.

25Ningatya nantoni na eniyithenge esilarheni, ningazidubanga
ngakuziphengulula sazela ngemibuzo,

26kuba, njengoko zitshoyo iziBhalo: “Ihlabathi leleNkosi nako konke
okukulo.”

27Ukuba nimenywa ngumntu ongelokholwa, nize isimemo eso nisamkele,
yityani into ebekwe phambi kwenu, ningazidubi ngokuphengulula isazela
ngemibuzo.

28Kodwa ukuba kukho onithele thsuphe ukuba nitya ukutya kwedini, musani
ukukutya ke oko kutya, ngenxa yalowo unixeleleyo, nangenxa yesazela.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

29Anditsho esenu, ndixela esakhe. “Ke, ingathini inkululeko endinayo
yokuzikhethela into emandiyenze ukulawulwa sisazela somnye umntu?”
Ubani angabuza atsho,

30aqhube ngelithi: “Ukuba ndiyambulela uThixo ngesabelo sam esidlweni,
ndisagxekelwani ngokutya endimbulela ngako uThixo?”

31Nokuba ke nenza ntoni na, nokuba niyatya, nokuba niyasela, yenzelani
udumo lukaThixo.

32Ziphatheni ngohlobo lokuba ningaphazamisi bani, nokuba ngumJuda,
nokuba ngumGrike, nokuba ngowebandla likaThixo.

33Xelisani mna, mna ndizama ukwanelisa wonke ubani ngento endiyenzayo.
Andenzeli kulungelwa kwam phofu, koko ukulungelwa komntu wonke, ukuze
bonke basindiswe.

1 KwabaseKorinte 11

1Hambani ekhondweni lam, njengoko mna ndihamba ekhondweni likaKrestu.

Ukugquma intloko enkonzweni

2Ndiyanincoma ngokusoloko nindikhumbula, nizigcina nezithethe endininike
zona.

3Kambe ke ndifuna nicacelwe kukuba njengoko uKrestu ongamele indoda
nganye, yindoda eyongamele umkayo, nanjengoko uKrestu onganyelwe
nguThixo.

4Ngoko ke indoda ethandazayo okanye eshumayelayo enkonzweni ithwele
into entloko, iyamhlaza uKrestu.

5Kwaye nawuphi na umfazi othandazayo okanye oshumayelayo enkonzweni,
engathwele nto entloko, uyayihlaza indoda yakhe; loo mfazi akahluke nganto
kumfazi onenkqayi!

6Ukuba akathwali nto, makasuke agugule intloko kube kanye. Njengoko
kulihlazo ukuba umntu obhinqileyo achetywe okanye abe nenkqayi, umfazi
ke makathwale.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Akukho mfuneko yokuba ithwale indoda, kuba ibonakalisa umfanekiso
nesidima sikaThixo. Umfazi ke liqhayiya lendoda yakhe.

8Kaloku asiyondoda eyathathwa emfazini, ngumfazi owathathwa endodeni
ukudalwa kwakhe.

9Asiyondoda eyadalwa ngenxa yomfazi, ngumfazi owadalwa ngenxa yendoda.

10Ngoko ke, ngenxa yokuhlonela imilowo yakwaThixoumfazi makathwale.

11Kanti ke akukho namnye ungaxhomekekanga komnye kwabo badlelana
noKrestu; indoda ixhomekeke emfazini, nomfazi endodeni.

12Nanjengokuba kaloku umfazi wathathwa endodeni, ngokunjalo ke nendoda
izalwa ngumfazi, yaye ke bobabini bavela kuThixo owadala zonke izinto.

13Zahluleleni ngokwenu ke! Kufanelekile na ukuba umntu obhinqileyo
athandaze enkonzweni engathwele nto entloko?

14Indalo ngokwayo yalatha ukuba zilihlazo endodeni iinwele ezinde;

15kodwa zilibhongo lomntu obhinqileyo. Kaloku wazinikwa iinwele ezinde
ukuze zimgqume.

16Kodwa ke ukuba kukho ofuna ukuwuphika lo mbandela, ndingasuka ndithi,
mna kwanalo ibandla likaThixo, akukho siko limbi sinalo thina enkonzweni.

Isidlo seNkosi
(Mat 26:26-29; Marko 14:22-25; Luka 22:14-20)

17Nantsi indawo endingenakunincoma ngayo: ezintlanganisweni zenu
anihlanganeli kwakhana, koko nisuka none.

18Ndawo yokuqala, ndivile ukuba kwezi nkonzo zenu nahluka-hlukene, ibe ke
ndiyaqonda ukuba loo nto ngahle ibe injalo.

19(Kambe yona iyantlukwano ilindelekile, ukuze kucace abo basendleleni
nabo banxaxhayo.)

20Ukuhlangana kwenu enkonzweni anihlanganeli kwenza umthendeleko
weNkosi

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21kuba omnye uzityela yedwa, baze abanye basale belambile ngeli lixa
abanye benxila.

22Aninamakhaya apho ningatya nisele khona? Mhlawumbi ngaba nilidelile
ibandla likaThixo, nihlaza abo basweleyo nje? Nilindele ukuba ndithini ngale
nto? Ngaba nilindele ukuba ndinincome? Nakanye!

23Kaloku le mfundiso ndaninika yona, mna ndayamkela kuyo iNkosi: Le
yokuba iNkosi uYesu ngobusuku eyanikelwa ngabo yathatha isonka,

24yabulela yasiqhekeza, yathi: “Ngumzimba wam lo; thathani. Ze nenjenje ke
ukundikhumbula.”

25Kwangokunjalo yayithatha nayo indebe emva kokuba kutyiwe, yathi: “Le
ndebe ingumnqophiso omtsha osungulwa ngokuphalala kwegazi
lam. Ngamaxesha onke niyisela mayinikhumbuze ngam.”

26Kuba kaloku ngamaxesha onke nisitya esi sonka, niyisela le ndebe,
nivakalisa ukufa kweNkosi, ide ibuye.

27Ngoko ke lowo usityayo esi sonka, ayisele indebe yeNkosi,
engafanelekanga, woba netyala ngomzimba negazi leNkosi.

28Makazicikide ke ngoko ngokwakhe umntu, aze ke asitye isonka eso, ayisele
nendebe leyo;

29kuba lowo utyayo asele, uzityela aziselele umgwebo ukuba akawuphicothi
ngokufanelekileyo umzimba weNkosi.

30Lo ngunobangela wokuba babe baninzi phakathi kwenu ababuthathaka
nabayimilwelwe, ngokunjalo nasebefile.

31Ukuba besizicikida ngeba asigwetywa;

32kodwa ke sisohlwaywa nje, siyaqeqeshwa yiNkosi, ukuze singagwetywa
kunye nehlabathi.

33Ngoko ke, mawethu, xa nihlangana esidlweni seNkosi lindanani.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

34Ukuba kukho olambileyo, makaqale atye ekhaya, ukuze ukuhlangana kwenu kunganizeli nokugwetywa. Eminye imicimbi ndoyiphononononga ndakuba ndifikile apho.

1 KwabaseKorinte 12

Izipho ezivela kuMoya oyiNgcwele

1Malunga nezipho zoMoya oyiNgcwele kukho izinto endifuna ukunicacisela zona, mawethu.

2Niyazi ukuba ngokuya nanisengabahedeni nanilawulwa niphuphuthekiswa zizithixo ezizizidenge.

3Ngoko ke yiqondeni into yokuba akukho bani ukhokelwa nguMoya kaThixo unokuthi: “Uqalekisiwe uYesu,” futhi kungekho bani unokuvuma ukuba: “UYesu uyiNkosi,” engakhokelwa nguMoya oyiNgcwele.

4Kukho iintlobo ngeentlobo zeziphiwo, kodwa zivela kuMoya omnye.

5Kukho iintlobo ngeentlobo zemisebenzi, kodwa kusetyenzelwa iNkosi enye.

6Kukho iintlobo-ntlobo zeziphiwo zamandla okusebenza, kodwa xa zizonke zivela kuThixo, ikwanguye nozabela ulowo nalowo.

7Kuthi sonke ngabanye uMoya uzibonakalisa ngendlela ethile, enenjongo yokuba sakhane.

8Umntu othile uMoya umnika ubulumko, aze omnye amnike ukwazi.

9Kwalo Moya mnye omnye umnika inzondelelo, aze omnye amnike amandla okuphilisa.

10Omnye umntu uMoya umnika amandla okwenza imiqondiso, aze omnye amnike amandla okushumayela, wumbi amnike ubuchule bokucalula oomoya. Omnye umnika isiphiwo sokuthetha iilwimi, aze omnye amnike isiphiwo sokutolika.

11Kodwa ngulo Moya mnye owenza yonke le nto; umntu ngamnye umnika isipho esahlukileyo ngokubona kwakhe.

Umzimba unamalungu amaninzi

© 1996 Bible Society of South Africa.

12UKrestu unjengomzimba, wona unamalungu amaninzi, kodwa ube wona umnye.

13Ngokunjalo nathi sonke, nokuba singamaJuda okanye amaGrike, nokuba singamakhoboka okanye singabakhululekileyo, sabhaptizelwa mzimbeni mnye, nguMoya omnye; futhi sasezwa kwaloo Moya mnye.

14Kaloku umzimba lo awulolungu linye, ungamalungu amaninzi.

15Nokuba unyawo belungáthi: “Kaloku mna andisosandla, ngoko ke andingowomzimba,” loo nto ibingayi kulwenza unyawo lungabi lolungu lomzimba.

16Nokuba indlebe ibingasuka ithi: “Ngenxa yokuba mna ndingelilo iliso, ngoko ke andingowawo umzimba,” loo nto ibingayi kuyenza ingabi lilo ilungu lomzimba indlebe.

17Ukuba ke wonke umzimba ubuliliso ngesisiva njani? Khona ukuba ubuyindlebe wonke, ngesijoja njani?

18Kodwa ke uThixo udale amalungu ahlukeneyo emzimbeni ngokuthanda kwakhe.

19Ukuba amalungu onke ebelilungu elinye qha, ibingàyi kuba ngumzimba loo nto.

20Kambe ke inje le nto: nakuba amalungu emaninzi nje, umzimba wona mnye.

21Ngoko ke iliso alinakuthi esandleni: “Andikufuni nganto;” ingenakutsho nentloko ezinyaweni ukuthi: “Andinifuni nganto.”

22Kusuka kuthi awona malungu angathi abuthathaka, ibe ngawona kanye singenakwenza nto engekho;

23aze wona loo malungu angawona adelekileyo, ibe ngawo kanye esiwambathisa ngokunonelela; aze amalungu ahlonitshwayo ibe ngawona acoselelwayo ukunakekelwa,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[24]nto leyo ingeyomfuneko kumalungu afanelekileyo. UThixo umzimba uwakhe ngohlobo lokuba amalungu adelekileyo ibe ngawona ahlonitshwayo.

[25]Ngoko ke akukho kubukulana emzimbeni – asuka amalungu onke ilelo linyamekele elinye.

[26]Xa sukuba elinye lisifa, onke amanye amalungu avelana nalo; kuthi lakunikwa imbeko, onke amanye avuyisane nalo.

[27]Ningumzimba kaKrestu ke xa ninonke nina; elowo kuni lilungu laloo mzimba.

[28]UThixo ebandleni lakhe unocwangco: Kuqala ngabathunywa, kulandele abashumayeli, kuze abefundisi; emva kwabo ibe ngabenza imiqondiso, ibe ngabanegunya lokuphilisa, abancedisi, abakhokeli, nabathetha iilwimi.

[29]Àbangobathunywa bonke aba, bengengobashumayeli bonke, bengengabo nabefundisi bonke. Asingabo bonke abanegunya lemiqondiso,

[30]ingengabo bonke nabanegunya lokuphilisa, bengathethi zilwimi bonke, bengatoliki bonke.

[31]Ke kaloku langazelelani ezona zipho zibalaseleyo.

Uthando

Ngaphezu koko, nantsi ke eyona ndlela izigqwesa zonke:

1 KwabaseKorinte 13

[1]Ewe kambe, ndingade ndibe liciko lokuthetha iilwimi zabantu, ndide ndithethe nezezithunywa zezulu – kodwa ndingenalo uthando, intetho yam isuka ibe yingxolo nje, efana neyentsimbi ehlokomayo, necangci elikhenkcezayo.

[2]Ndingade ndibe naso nesiphiwo sokushumayela ngefuthe, ndinalo lonke ulwazi, ndizazi nezinto ezingàziwa mntu, ndinalo nokholo olugungqisa iintaba, kodwa ndingenalo uthando, andinto konke!

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Ewe, nokuba ndinganikisa ngempahla yam yonke, ndide nam ngokwam
ndizinikele ukuba nditshiswe, kodwa ke ndingenalo uthando, akuncedi nto
konke-konke.

4Uthando lunomonde, lunobubele. Uthando alunamona, alugwagwisi,
lungakhukhumali.

5Uthando alugezi, alufuni okukokwalo, alunachuku, alunanzondo.

6Uthando aluvuyiswa bububi, luvuyiswa yinyaniso.

7Uthando aluncami; lukholwa zizinto zonke, luthemba izinto zonke,
lunyamezela izinto zonke.

8Uthando alupheli. Zikho zona iintshumayelo ezinefuthe, kodwa ziyatshitsha.
Zikho neziphiwo zokuthetha iilwimi, kodwa nazo ziyabhanga. Kukwakho
nokwazi, kodwa kuyadlula nako.

9Kaloku ezi ziphiwo sinazo zokwazi nokushumayela azigqibelelanga.

10Kodwa ke xa kuthe kwafika oko kugqibeleleyo okungagqibelelanga kuya
kuphuthiswa konke.

11Xeshikweni bendingumntwana, bendithetha njengomntwana, ndicinga
njengomntwana, ndinezimvo zobuntwana; njengoko ke ndimdala,
ndahlukene ngoku neendlela zobuntwana.

12Into esiyibonayo ngoku yimbonakalo nje eluzizi ngokungathi sikhangele
esipilini; kanti ke ngoko siya kubona ngokucacileyo. Ukwazi kwam ngoku
akugqibelelanga, kanti ke ndokwazi kakuhle ngoko, kufane nokundazi
kwakhe uThixo ukwazi kwam.

13Ngalinye ke, zintathu izinto eziya kuhlala zihleli: lukholo, nethemba,
nothando. Engaphezu kwazo zonke ke luthando.

1 KwabaseKorinte 14

Izipho zoMoya oyiNgcwele kwakhona

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[1]Ngoko ke langazelelani uthando, ningaziyeki phofu nezinye izipho zoMoya, ingakumbi isiphiwo sokushumayela.

[2]Yena othetha ngeelwimi, uthetha noThixo, akabhekisi mntwini, kuba akukho bani uyiqondayo le nto ayithethayo. Kaloku ngamandla kaMoya oyiNgcwele uthetha izinto ezibanqabeleyo abantu.

[3]Kodwa yena oshumayelayo uthetha nabantu; uyabakha, uyabakhuthaza ebathuthuzela.

[4]Lowo uthetha ngeelwimi, uzakha yena siqu; kodwa yena oshumayelayo wakha ibandla liphela.

[5]Bendingathandayo ukuba nithethe iilwimi xa ninonke, kodwa eyona nto ingaphezulu kukuba nibe nesiphiwo sokushumayela nonke. Lowo ushumayelayo ungaphezulu kwalowo uthetha ngeelwimi, ngaphandle kokuba lowo uthetha ngeelwimi uyatolikelwa, ukuze kwakheke ibandla liphela.

[6]Mawethu, kunganinceda ntoni ukuba ndithi xa ndifikile apho kuni ndithethe ngeelwimi? Nento le – ngaphandle kokuba ndiniphathele isityhilelo esivela kuThixo, ulwazi oluthile, okanye udaba olunefuthe likaMoya, kungenjalo imfundiso.

[7]Nasengomeni izinto ezinjengoomaxilongo noozikatala zikhala ngokwahlukeneyo. Okanye xa kungenjalo ngubani ongayilandelayo ingoma ukuba azikhali ngokucacileyo?

[8]Khona, ukuba ngaba umkhalisi-sigodlo akasikhalisanga ngokucacileyo, ngubani owoyixhobela imfazwe?

[9]Kwangaloo ndlela ke, loqondakala njani udaba eniluthethayo ngeelwimi xa ngaba alucacanga? Nakanjani na olu daba luya kuphephetheka nomoya!

[10]Nakuba kukho iilwimi ngeelwimi apha emhlabeni, akukho nalunye olungenantsingiselo.

[11]Ukuba ke andilwazi ulwimi oluthethwayo, lowo uluthethayo uya kuba yintlanga kum, nam ndibe yintlanga kuye.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Njengokuba nikulangazelela nje ukuba nazo iziphiwo zoMoya, zamani ukubalasela kwezo zilakhayo ibandla.

13Umntu othetha ngeelwimi makathandazele ukufumana isiphiwo sokuzicacisa.

14Kuba xa ndithandaza ngeelwimi umoya wam uhamba nam, kodwa yona ingqiqo ayithathi nxaxheba.

15Mandithini ke? Mandithandaze ndawonye nomoya wam, kodwa ndithandaze ngengqiqo; mandimemelele ngomoya, futhi ndimemelele ngengqiqo.

16Ukuba udumisa uThixo usemoyeni, ke yena umntu nje okunye nawe, angatsho njani ukuthi: “ Amen,” kuloo mbulelo wakho? Akanandlela yakuthatha nxaxheba, kuba kaloku akeva.

17Nangona wona umthandazo wakho uvakala kuThixo, awuloncedo komnye umntu.

18Ndiyambulela uThixo kuba mna iilwimi ndizithetha ngaphezu kwenu nonke.

19Kodwa enkonzweni ndikhetha ukuthetha nokuba ngambalwa amazwi aqondakalayo, ukuze abanye bafunde, kunokuba ndenze umlembelele wento engaviwayo ndithetha iilwimi.

20Izimvo zenu mazingabi zezobuntwana, mawethu. Yibani ngabantwana kambe kwizinto eziphathelele ebubini, kodwa iingcinga zenu zona mazivuthwe.

21Kaloku eziBhalweni kuthiwa: “ ‘Ndiya kuthetha kwaba bantu ngabantu abantetho yimbi,’ itsho iNkosi. ‘Ndiya kuthetha ngeelwimi zasemzini, kunjalo nje abayi kundiva.’ ”

22Ngoko ke isiphiwo sokuthetha iilwimi sikholo ukuba sibe ngumqondiso kwabangakholwayo, ingekuko kwabakholwayo. Ke sona isiphiwo

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

sokushumayela singumqondiso kwabakholwayo, ingekuko kwabangakholwayo.

23Xa lihlangene ke ibandla, waza ulowo nalowo wasuka wathetha iilwimi, kwaza kwathi kusenjalo kwafika abanye abangayiqondiyo le nto okanye abangengomakholwa, abayi kuthi niphambene?

24Kodwa ukuba niyashumayela nonke, kuze kufike umntu nje ozihambelayo okanye umntu ongelokholwa, loo mntu uya kuziva echukumiseka ngenxa yelizwi alivayo. Onke amazwi awevayo aya kumgweba,

25ziphengululwe iingcinga zakhe ezifihlakeleyo, agobe amadolo amnqule uThixo, evuma ukuba ngenene uThixo ukho phakathi kwenu.

Inkqubo yebandla

26Lilonke ke, mawethu, ndithi: Ukuba nihlangene ngeenjongo zokunqula, yiphanani inxaxheba; omnye makathathe iculo, omnye imfundiso, wumbi avakalise isityhilelo esivela kuThixo, aze omnye ashumayele ngeelwimi, ngokunjalo ke omnye makatolike loo nto ithethwayo. Yonke into eniyenzayo mayilakhe ibandla.

27Ukuba nithetha ngeelwimi mababe babini okanye bangagqithi esithathwini abathethayo; nalapho ke makuthethe abe mnye ngexesha, aze ke omnye abatolikele.

28Kodwa ke, ukuba akukho bani ungatolikayo, lowo ubethanda ukuthetha ngeelwimi ebhekisa ebandleni makaseyeka, azithethele noThixo ngaphakathi.

29Ababini nabathathu bangashumayela, abanye ke bona betyise loo nto ithethwayo.

30Kodwa ukuba omnye kwabahleli phantsi uziva enodaba angaluthethayo, lo umileyo makahlale phantsi.

31Kaloku kungcono ninikane izithuba xa nishumayelayo, ukuze xa lilonke ibandla lifumane imfundiso nenkuthazo.

32Lowo ushumayelayo makazibambe, hleze ifuthe analo liyone intshumayelo,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

33kuba uThixo lo ngowenzolo, akangowombhodamo. Njengakuwo onke
amabandla abantu bakaThixo,

34amakhosikazi makazole ezintlanganisweni. Akuvumelekanga ukuba
ashumayele. Ngoko ke makalulamele umyalelo womthetho.

35Ukuba kukho into afuna ukuyiqonda makayibuze kubayeni bawo
emakhaya. Kaloku ilihlazo into yokuba inkosikazi ithethe entlanganisweni
yebandla.

36Ngaba ke ilizwi likaThixo laqala kuni? Okanye ngaba nini kuphela abantu
elifikeleleyo kubo ilizwi likaThixo?

37Nabani na ozicingela ukuba ungumshumayeli okanye unesiphiwo soMoya,
makaqonde ukuba le nto ndiyibhalayo inomnwe weNkosi.

38Ukuba akayamkeli le mfundiso, naye akamkelwa nguThixo.

39Ngoko ke, mawethu, kulangazeleleni ukushumayela, kodwa ningakuthinteli
ukuthetha ngeelwimi.

40Yonke into mayenziwe ngolungelelwano nangocwangco.

1 KwabaseKorinte 15

Isiganeko sokuvuka kukaKrestu

1Ngoku ke, mawethu, ndithanda ukunikhumbuza ngeendaba ezimnandi
zikaThixo endanishumayeza zona; ezo nazamkelayo, enimi nithe zinzi kuzo.

2Ludaba lukaThixo ke olo, enosindiswa ngalo ukuba nibambelele ngokuthe
nkqi kulo ngale ndlela ndinishumayeza ngayo – ngele kokuba ke nafumana
nakholwa lilize nje.

3Ndawo yokuqala ndazigqithisela kuni ezona ndawo ndazamkelayo, ezi
zokuba uKrestu wafela izono zethu, ngokutsho kweziBhalo,

4nokuba wangcwatywa, nokuba wavuka ekufeni ngomhla wesithathu,
ngokweziBhalo;

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5waza wabonakala kuPetros, wabonwa nangabo bonke abathunywa abalishumi elinambini.

6Emva koko ubonakele ngaxesha-nye nakubalandeli bakhe abangaphezu kwamakhulu amahlanu, abasekhoyo nangoku abaninzi babo, nakuba babhubhayo nje abanye.

7Uphindile wabonwa nanguYakobi, wabonwa nangabathunywa xa bebonke.

8Ke ekugqibeleni, ngokungathi mna ndizelwe emva kwexesha, wabonwa nandim.

9Ke kuba mna ndingoyena uphantsi kubo bonke abathunywa, akufanele nokuba kuthiwe ndingumthunywa, kuba ndalitshutshisa ibandla likaThixo.

10Kodwa ngesisa sikaThixo ndiyile nto ndiyiyo, yaye nesisa andibabala ngaso uThixo andidlalanga ngaso. Ndisuke ndasebenza ukudlula bonke abathunywa, phofu ingendim, koko inguThixo osebenza ngam ngesisa sakhe.

11Ngoko ke nokuba ndim, nokuba ngabo, sishumayela udaba olunye; ke nina nalwamkela.

Ukuvuka kwethu kwabafileyo

12Njengokuba thina sishumayela ukuba uKrestu wavuka nje ekufeni, batsho njani ke abanye benu ukuba abafileyo abavuki ekufeni?

13Ukuba alukho uvuko lwabafileyo, noKrestu ke akazange avuke ekufeni.

14Ukuba ke uKrestu akavukanga ekufeni, ukushumayela kwethu ngamampunge, nokholo lwenu luphuthile.

15Ngaphezu koko ke nathi ngaba singamangqina amxokayo uThixo, kuba sathi umvusile uKrestu, nangona angamvusanga, ukuba kambe ngaba kuyinene ukuba abafileyo abavuki.

16Kuba, ukuba ngaba abafileyo abavuki, noKrestu ke akazange avuke ekufeni.

17Ukuba ke uKrestu akavuswanga ekufeni, ukholo lwenu ke luyalambatha – nisahleli ezonweni zenu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

18Loo nto ingathetha ukuthi loo makholwa afa emanyene neNkosi, akukho nto yawo, atshabalele.

19Ukuba ithemba lethu kuKrestu liphelela kobu bomi qha, singabona bantu balusizi kulo lonke ihlabathi.

20Kambe ke nantsi eyona nyaniso: evukile nje uKrestu ekufeni, ubahlahlele indlela abafileyo.

21Njengoko ukufa kweza ngomntu,ngokukwanjalo novuko lwabafileyo luza kwangomntu.

22Njengoko abantu bâthi ngokumanywa kwabo noAdam bafa bonke, ngokunjalo nangokumanywa kwabo noKrestu baya kuvuka bonke.

23Kodwa ke elowo nalowo kolwakhe uluhlu: uKrestu yena ngowokuqala kubo bonke; emva koko ke abakhe baya kuvuka ngethuba lokubuya kwakhe.

24Kwandule ke kufike isiphelo, apho uKrestu aya kunikezela lonke ulawulo kuThixo uYise, akuba ezibhangisile zonke iindidi zezithunywa zezulu: iziphathamandla, oomagunya, kwanamandla.

25UKrestu kaloku umelwe kukulawula lo gama uThixo amoyisela zonke iintshaba.

26Olokugqibela ke utshaba oluya kubhangiswa kukufa,

27kuba, njengoko zitshoyo iziBhalo: “UThixo umoyisele zonke iintshaba.” Kucacile ke ukuba uThixo yena akabalwa xa kusithiwa “umoyisele zonke,” inguye nje kaloku omoyisele zonke iintshaba uKrestu.

28Xa ke zonke izinto sezilawulwa nguKrestu, uya kwandula ke yena uNyana ukungena ekulawulweni ngulowo umoyisela zonke izinto; yena ke uThixo abe ngolawula konke.

29Kwakho kukho abo babhaptizwa endaweni yabafi. Bathemba ukuzuza ntoni ke ngaloo nto? Ukuba ke banyanisile xa bathi akukho luvuko lwabafileyo, bebhaptizwa nje endaweni yabafi, kutheni?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

30Khona kutheni le nto thina sizibeka emngciphekweni maxa onke?

31Ndihleli ndisemngciphekweni wokufa mihla le, mawethu! Ngenene le nto ndiyithetha ndiqhayisa ngani ngenxa yebhongo endinalo ngokumanywa kwam noYesu Krestu iNkosi yethu.

32Ukuba apha e-Efese bendisilwa namarhamncwa ngamandla obuntu nje kuphela ibingandinceda ntoni loo nto? Kodwa ke ukuba akukho kuvuka kwabafileyo "masisesisitya sisela, kuba ngomso siya kufa," ngabula saci.

33Musani ukuphazama: "Incoko embi iyasonakalisa isimilo esihle."

34Buyelani engqondweni nahlukane nezono. Abazani noThixo abanye benu. Loo nto ndiyithetha ukuze nidane.

Umzimba wovuko

35Mhlawumbi omnye uya kubuza athi: "Bavuka kanjani na abafileyo? Bavuka benomzimba onjani na?"

36Siyathandini, akwazi ukuba imbewu oyityalileyo ayintshuli ingakhange ife kuqala?

37Le nto uyityalayo ayisiso isithombo, kodwa yimbewu nje, nokuba yeyengqolowa okanye olunye uhlobo.

38Imbewu nganye uThixo uyinika isimo esiyifaneleyo ngokuthanda kwakhe.

39Inyama yezinto eziphilayo ayifani; ikho eyabantu, ikho neyezilwanyana, neyeentaka ikhona, kanti ikwakho neyeentlanzi. Xa iyonke ke ayifani.

40Ukumila nesithomo sezidalwa ezisezulwini kwahlukile. Ezasezulwini zinobuhle nesidima esisodwa, kanti nezasemhlabeni zinobuhle nesidima esahlukileyo.

41Ilanga linobuqaqawuli balo lodwa, nenyanga inobuqaqawuli obubodwa, kanti neenkwenkwezi zinobuqaqawuli obahlukileyo, kuba inkwenkwezi iyahluka kwenye ngokuqaqamba.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

42Kukwanjalo ke nakuvuko lwabafileyo. Njengokuba umzimba ungcwatywa unako ukonakala, uvuka ungasenakonakala.

43Ungcwatywa uthobekile, uvuka unobuqaqawuli; ungcwatywa ubuthathaka, uvuka unamandla.

44Kungcwatywa umzimba ongowemvelo, kuvuka umzimba ongowoMoya. Njengokuba ukho nje umzimba ongowemvelo, kucacile ukuba ukho nomzimba ongowoMoya.

45Kuba iziBhalo zithi umntu wokuqala, uAdam, waba ngumntu odla ubomi, yena ke owokugqibela uAdam waba nguMoya odlisa ubomi.

46Akuqali okoMoya, kodwa kuqala okwemvelo, kuze kulandele ke okoMoya.

47Owokuqala umntu wenziwa ngothuli lomhlaba, ungowomhlaba; yena owesibini uMntu waphuma ezulwini.

48Abasemhlabeni abantu bafana naloo mntu wenziwa ngomhlaba; kanti ke abasezulwini abantu bafana naloo Mntu wavela ezulwini.

49Njengokuba sifuze loo mntu wenziwa ngomhlaba, ngokunjalo siya kumfuza naloo Mntu weza ephuma ezulwini.

50Xa nditshoyo ke, mawethu, ndithi into eyenziwe ngenyama negazi ayinakubudla ilifa ubuncwane bokulawulwa nguThixo, kwaneyonakalayo ayinakungonakali.

51Mandinazise le nto benikade ningayazi: Asiyi kufa sonke; kodwa ngesiquphe,

52ngephanyazo, siya kwenziwa kumila kumbi sonke, xa kukhala ixilongo lokugqibela. Kuba liya kuvakala ixilongo; abafileyo baya kuvuswa sebenemo engasenakufa, senziwe kumila kumbi sonke.

53Kuba le mo sikuyo yonakalayo, imelwe kukwambatha imo engonakaliyo; le mvelo ifayo, yambathe ukungafi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

54Xa ke le mo yonakalayo seyambethe ukungonakali, naxa le mvelo ifayo seyambethe ukungafi, iya kuzalisekiswa ke le ndawo yeziBhalo ithi: “Ukufa kubhangisiwe; ukufa kufincelelwe eloyisweni.”

55“Kufa luphi na uloyiso lwakho? Kufa luphi na ulwamvila lwakho?”

56Ulwamvila lokufa sisono; amandla esono ngumthetho.

57Makubulelwe ke kuThixo osinika uloyiso ngayo iNkosi yethu uYesu Krestu!

58Ngoko ke, mawethu athandekayo, yomelelani ningathandabuzi. Yisebenzeleni ngenkuthalo iNkosi ngalo lonke ixesha, kuba kakade ukubulaleka kwenu ngenxa yeNkosi akunakulambatha.

1 KwabaseKorinte 16

Umnikelo wokunceda amakholwa

1Ngokunxulumene nomnikelo wokunceda amakholwa akwaJuda,yenzani ngale ndlela ndandiwayalele ngayo amabandla aseGalati.

2NgeCawe nganye umntu ngamnye makaqokelele isixa esithile semali, ngokwengeniso ayizuzileyo, asibeke bucala, ukwenzela ukuba ningaqali ukuqokelela ndakuba ndifikile.

3Ndakufika ndothuma amadoda eniwakhethileyo nina ngokwenu, ayise imali leyo eJerusalem, ndiwaphathise nencwadi yokuwazisa.

4Ukuba kuyimfuneko ukuba nam ndiye aya kuselehamba nam.

Amalungiselelo kaPawulos

5Emveni kokuba ndigqithile eMakedoni, ndiya kuza kufika nalapho eKorinte. Kaloku ndiza kucanda kwelaseMakedoni.

6Kungenzeka ndihlale ixeshana; mhlawumbi ndingabuchithela apho kuni ubusika. Kofuneka nindixhase ke ukudlula apho kuni, noba ndiya phi na.

7Ukuba iNkosi iyavuma, bendingàthandi kudlula nje, bendingathanda ukukhe ndibe nethutyana ndihleli nani.

8Ndizimisele ukukhe ndihlale apha e-Efese ide idlule iPentekoste.

© 1996 Bible Society of South Africa.

9Apha kukho ithuba elihle elivulelekileyo lokusebenza, kodwa ke nenkcaso ikwankulu kangako.

10Ukuba kwenzekile uTimoti wagqitha ngapho, ze nincede nimamkele, atsho azive esekhaya. Kaloku naye usisicaka seNkosi njengam.

11Musani ukumdela, koko mncedeni ukuze alufeze uhambo lwakhe ngoxolo, eze apha kum. Nam ndimlindele apha kunye namakholwa.

12Uwethu uApolo ndandimkhuthazile ukuba anihambele kunye namanye amakholwa, kodwa ke akakafuni kuza ngoku. Phofu ke uya kuza akulifumana ithuba.

Isiphetho

13Phaphani, nime zinzi elukholweni! Khaliphani, nomelele!

14Wonke umsebenzi wenzeni ngothando.

15Umzi wakwaStefano niyawazi ukuba ngowamaKrestu okuqala ukuguquka kweli laseAkaya, yaye bazinikele ekukhonzeni abantu bakaThixo. Ndiyanibongoza ke, mawethu,

16ukuba nibalulamele abantu abanjengabo. Ndixela nabani na osebenza abulaleke njengabo.

17Ukufika kukaStefano noFortunato noAkayiko, kuyandonwabisa; kaloku basivalile isikhewu sokungabikho kwenu,

18bandixolisa njengoko nani benixolisile. Kufuneka athathelwe ingqalelo amadoda anjengala.

19Ayabulisa amabandla ephondo laseAsiya. UAkwila noPrisila,kwakunye nebandla elingenela emzini wabo, bayabulisa ngokwabantu beNkosi.

20Ayabulisa onke amakholwa. Nani bulisanani kakuhle ngokwamakholwa.

21Ndiwubhala ngesam isandla lo mbuliso: Ndiyanibulisa mna Pawulos.

22Nabani na ongayithandiyo iNkosi uqalekisiwe! “Marana tha” – O, Nkosi, yid' ufike!

© 1996 Bible Society of South Africa.

[23]INkosi uYesu mayibe nobubele kuni.

[24]Ndinithanda xa ninonke ebudlelaneni bukaKrestu Yesu.

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

2 KwabaseKorinte

2 KwabaseKorinte 1

Isingeniso

1Kubhala mna Pawulos – endingumthunywa kaKrestu Yesu, ngokuthanda
kukaThixo – kunye noTimoti uwethu. Sibhalela ibandla likaThixo
eliseKorinte, nemilowo yakhe yonke kwelaseAkaya, sisithi:

2Wanga uThixo uBawo wethu, kunye neNkosi uYesu, anganenzela isisa,
aniphe uxolo.

UPawulos ubulela uThixo

3Makabongwe uThixo, uyise weNkosi yethu uYesu Krestu, uBawo uSozinceba,
uThixo umthombo wentuthuzelo.

4Yena uyasithuthuzela ezimbandezelweni zethu zonke, ukuze nathi sikwazi
ukubathuthuzela abanye kwangaloo ntuthuzelo ivela kuye.

5Njengoko ziphuphumela kuthi iimbandezelo zikaKrestu, ngokunjalo ke,
kwangaye uKrestu, iphuphumela kuni nentuthuzelo yethu.

6Xa sukuba thina sisiva ubunzima, loo nto ibangela ukuba nikhuthale, nto
leyo iphelela elusindisweni. Naxa sukuba thina sithuthuzelwa, siyancedwa
ukuze sikwazi ukunithuthuzela, khon' ukuze nizithwale ngomonde
iimbandezelo ezifana nezethu.

7Ithemba lethu ngani aligungqi, kuba siyazi ukuba njengoko nidlelana nathi
nje ngeembandezelo, nikwadlelana nathi nangothuthuzelo esilufumana
kuThixo.

8Mawethu, sifuna niziqonde into eziyiyo iinzima esazifumana kwiphondo
laseAsiya. Sasithwele ubunzima apho, sada saphants' ukulilahla ithemba
lokuphila.

9Sasesilibona lijinga phezu kwethu ithunzi lokufa. Loo nto yasifundisa
ukuthembela kuThixo ovusa abafileyo, singazithembi thina.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Wasikhulula kwezo ngxingongo zokufa, yaye usasikhulula nangoku. Ewe, aligungqi ithemba lethu lokuba usaza kusikhulula nangomso,

11njengoko nani nisixhasa ngokusithandazela. Ngoko ke ngenxa yobuninzi babantu abasithandazelayo, boba baninzi nabambulelayo uThixo ngenxa yesisa sakhe kuthi.

UPawulos urhoxisa utyelelo lwakhe

12Ibhongo lethu linye ngani: lelokuba asinasazela nganto ngokuziphatha kwethu phakathi kwabantu behlabathi, ingakumbi ke phakathi kwenu. Besinyanisekile, singahanahanisi. Besingenamaqhinga, koko besilawulwa sisisa sikaThixo.

13Sinibhalela ezo zinto ninokuzifunda niziqonde. Kwaye ke ngumnqweno wam ukuba ezi zinto niziqonda nganxanye

14nide niziqonde ngokupheleleyo. Kaloku noba nebhongo ngathi kwanjengoko nathi siya kuba nebhongo ngani ngeMini yeNkosi uYesu.

15Kangangokuba ndandiqinisekile ngalo mbandela ndazimisela ukuba ndinityelele, ukuze nina nibe sethamsanqeni lokuba ndinihambele kabini.

16Kaloku ndandizimisele ukuba ndinityelele kabini, xa ndiyayo naxa ndibuyayo eMakedoni, nize ke nina nindisize kuhambo lwam oluya kwelakwaJuda.

17Ngaba ke ndafana ndasijika nje esi sicwangciso? Ngaba xa ndicwangcisayo ndenza nje ngokuzithandela, ndilungele ukuthi ewe okanye hayi ngokuthanda kwam?

18Njengokuba uThixo enyanisekile, umlomo wam kuni wawungenguye uewe nohayi ombaxa.

19UNyana kaThixo, uYesu Krestu lo washunyayelwa kuni nguSilas noTimoti nam,akathi ewe-hayi, hayi-ewe, ngaxesha-nye. Endaweni yaloo nto unguewe kaThixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

20Unguewe kaThixo kuzo zonke izithembiso zakhe. Yiyo ke loo nto simdumisa uThixo sisithi “ Amen” ngaye uYesu Krestu.

21-22NguThixo osizimasileyo thina nani ngokusimanya noKrestu. Ewe, nguThixo ngokwakhe osiphawuleyo wasithambisa ngoMoya oyiNgcwele ohleli kuthi osisiqinisekiso sezinto ezizayo.

23UThixo uyandingqinela ukuba isizathu sokuba ndingezi eKorinte yayikukwazelelela nina.

24Andifuni ukunintlokothisa elukholweni. Ndiyasebenzisana nani ukuze nonwabe, lube ke phofu nokholo lwenu aluhexi.

2 KwabaseKorinte 2

1Ndandizimisele ke ukuba andiyi kuphinda ndize kuni, ndize kunenza lusizi.

2Kuba ndingónwatyiswa ngubani, xa ndikhathaza nina? Kaloku akukho wumbi ngaphandle kwenu!

3Into ke eyandibangela ukuba ndinibhalele laa leta kukuba ndandingathandi ukuviswa intliziyo ebuhlungu kwangabo bantu bamelwe kukundonwabisa. Kaloku ndiqinisekile kukuba nani niyonwaba xa ninonke ukuba mna ndonwabile.

4Ndanibhalela ndinexhala, ndibuhlungu, ndisezinyembezini, phofu ndingajonge ukunivisa ntw' imbi, koko ndandifuna niyiqonde kakuhle indlela endinithanda ngayo.

Ukuxolelwa kowonayo

5Ukuba ke kukho bani ukhathaze omnye, loo mntu akakhathazanga mna ndedwa, ngenye indlela unikhathazile nani.

6Isohlwayo uninzi lwenu eluvumelene ngaso sikwanele ukona kwakhe.

7Ngoku ke kufuneka nimxolele, nimkhuthaze, ningamyeki ade atyhafe yintlungu akuyo, aze ancame.

8Ndiyanibongoza, loo mntu mboniseni ukuba nimthanda ngenene.

© 1996 Bible Society of South Africa.

9Ndanibhalela laa leta kanye ngenxa yesi sizathu: ndandifuna ukunivavanya,
ndiqonde ukuba niza kusithobela na isiyalo sam.

10Xa sukuba nixolela umntu ngokona kwakhe, nam ndiyamxolela. Kuba mna
xa ndixolela – apho sukuba kukho ndawo ndixolela umntu ngayo –
ndenjenjalo ngenxa yenu egameni likaKrestu.

11Masingavumi ukuqhathwa nguSathana. Siwazi kakuhle kaloku amaqhinga
akhe.

Ixhala likaPawulos eTrowa

12Ndakuba ndiseTrowa ngodaba lokuhambisa iindaba ezimnandi
ezingoKrestu, ndafika apho iNkosi indenzele ithuba elihle lokusebenza.

13Kodwa andizange ndonwabe emphefumlweni ngenxa yokungamfumani
apho uTito uwethu. Ndasuka ke ndacela indlela kubantu balapho, ndemka
ndaya eMakedoni.

Ukoyisa ngoKrestu

14Kodwa, makabongwe uThixo! Kuba simanywe noKrestu nje, yena usoloko
esikhokela kumngcelele woloyiso lwakhe. UThixo usebenzisa thina, ukuze
kunwenwe ukumazi uKrestu, kugqibe yonke indawo, njengevumba
elimnandi.

15Sinjengesiqhumiso thina esinevumba elimnandi, uKrestu asiqhumisela
uThixo, ukuze sinwenwe phakathi kwabasindiswayo nâbo baya
kwantshabalalo.

16Iphunga laso liyabarhaxa abaya kwantshabalalo; silivumba elimnandi
elidlisa ubomi kwabo basindiswayo. Ke, ngaba ngubani owufaneleyo lo
msebenzi unje?

17Thina okungenani asihambi sijikeleza sithengisa ngodaba lukaThixo
njengoko besenza abaninzi. Thina bamanywe noKrestu sivakalisa udaba
sinyanisekile okwezigidimi zikaThixo.

2 KwabaseKorinte 3

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Umnqophiso omtsha

[1]Ngaba ndiyawazincoma? Ngaba nam ndikwanjengabantu abathile, ndifuna iincwadi zokuzazisa ezivela okanye eziya kuni?

[2]Hayi bo! Incwadi yam nini, ibhalwe ezintliziyweni zethu, futhi iyaziwa ifundwa ngumntu wonke.

[3]Ngokucacileyo niyincwadi kaKrestu evele ngokusebenza kwam kuni. Ayibhalwanga ngeinki, koko ibhalwe ngoMoya kaThixo ophilayo; ayikrolwanga kumacwecwe elitye , koko ibhalwe kumacwecwe entliziyo.

[4]Le nto ndiyithetha kuba ndithembele ngokupheleleyo kuThixo ngenxa kaKrestu.

[5]Le nto ayithethi kuthi ndinako ukuwenza ngokwam lo msebenzi. Amandla endinawo avela kuThixo.

[6]Ikwanguye ondenze ndaba nako ukukhonza phantsi komnqophiso omtsha, ongaxhomekekanga kumthetho obhaliweyo, koko uxhomekeke kuMoya. Wona umthetho obhaliweyo uyabulala, kodwa yena uMoya uyaphilisa.

[7]Umthetho wakrolwa kumacwecwe elitye, baza ubuqaqawuli bukaThixo babonakala ukunikezelwa kwawo. Nangona ukukhanya okwakusebusweni bukaMosis kwakukokwexeshana, kwakuqaqambe kangangokuba amaSirayeli angabi nako ukumjonga. Ukuba umthetho lo wezisa ukufa wasungulwa ngobuqaqawuli obungako,

[8]kubeka phi ke ukuqaqamba kwale meko intsha isungulwa nguMoya!

[9]Ukuba ulungiselelo olubagwebayo abantu lwaluqaqambile, ngaba lubeka phi ke ukuqaqamba ulungiselelo olubenza msulwa abantu!

[10]Ngenene isihomo ebesikho kumnqophiso omdala sitshitshisiwe ngenxa yokuba ngoku sifikile isihomo esindilekileyo kunaso.

[11]Kaloku, ukuba nento yexeshana le yaba nesithozela, ibeka phi ke yona into ehlala ihleli!

© 1996 Bible Society of South Africa.

12Ngenxa yokuba ke sinethemba elinje sithetha ngesibindi.

13Thina asifani noMosis. Yena wayefaka isigqubuthelo ebusweni, ukuze amaSirayeli angakuboni ukubengezela oko kude kuphele.

14Ngenene ingqiqo yawo yayibuthuntu; phofu ke eso sigqubuthelo sisekho kwingqiqo yawo unanamhlanje xa kufundwa iincwadi zomnqophiso omdala. Esi sigqubuthelo siyasuka akuba umntu emanyene noKrestu.

15Unanamhlanje, nanini na umthetho kaMosis ufundwa, esi sigqubuthelo sihlala sihleli kwingqiqo yamaSirayeli.

16Kanti ke nanini na ebuyela eNkosini, siyasuka isigqubuthelo.

17INkosi le ke nguMoya. Apho ke ukhona uMoya weNkosi kubakho inkululeko.

18Ke kaloku thina sonke, sinobuso obutyhiliweyo, ubuqaqawuli beNkosi sibubona ngokungathi kusesibukweni. Ngoko ke siyaguqulwa sifane nayo ncam, sinesidima esiya sikhula. Yonke ke le nto ivela eNkosini ekwanguMoya.

2 KwabaseKorinte 4

Ubutyebi ezityeni zodongwe

1Ngoko ke uThixo ngenceba yakhe usinike ubizo lokumsebenzela; yiyo loo nto ke singethi mandla.

2Ngapha koko sisuka siyilahle imikhwa elihlazo, sibutyeshele ubuqhetseba, nelizwi likaThixo singaligqwethi. Koko sisuka siziyaleze ngokuthetha inyaniso, singafihlisi, kumntu wonke onesazela. Senjenjalo ke phambi koThixo.

3Kaloku ukuba iindaba ezimnandi esizishumayelayo azicacanga, koba azicacanga kuphela kwabo baya kwantshabalalo.

4Bona àbakholwa kaloku, kuba ingqiqo yabo yenziwe mfiliba sisigqubuthelo abasifakwe ngulo uzenza uthixo weli phakade. Silisithile kaloku esi

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

sigqubuthelo ilitha lokukhanya kweendaba ezimnandi ezivakalisa isidima sikaKrestu, ongumceph' ucandiwe noThixo.

5Kakade asishumayeli thina ziqu; sishumayela ukuba uKrestu yiNkosi; thina ke sizizicaka zenu ngenxa yakhe.

6UThixo owathi: “Makuvele ukukhanya ebumnyameni,” usekwanguye okhanyisela iingqondo zethu, etyhila ukwaziwa kobume bakhe obubonakala kuKrestu siqu.

7Kambe ke obu butyebi sibuphethe ngezitya zodongwe, ukuze kucace ukuba amandla ancamisayo ngakaThixo, akangowethu.

8Ke, sithi sisezimbandezelweni zingasixini noko; sithingaze maxa wambi, kodwa singancami;

9singqingwe ziintshaba, kodwa asize singabi namhlobo; sintlithwa kanobom, singafi noko.

10Lonke ixesha sisoloko sithwele ukufa kukaYesu, ukuze ubomi bakhe bubonakale kuthi ziqu.

11Ewe, ngalo lonke ixesha sisoloko sisesichengeni sokufa ngenxa kaYesu, khon' ukuze ukudla kwakhe ubomi kubonakale ngathi bantu bafayo.

12Ngoko ke, kuthi kusebenza ukufa, kodwa kuni kusebenza ubomi.

13 IziBhalo zithi: “Ndathetha kuba ndandithembele kuThixo.” Nathi ke kwangaloo ndlela, sithetha kuba sithembele kuThixo.

14Kaloku siyazi ukuba uThixo owayivusayo iNkosi uYesu ekufeni, nathi uya kusivusa kunye noYesu, asise apho akhoyo, kunye nani.

15Ewe, zilungiselelwe nina zonke ezi zinto, ukuze kuthi njengoko bebaninzi abenzelwa isisa, ngokunjalo nemibulelo ibe mininzi, kudunyiswa uThixo.

Ukuhlala ngokholo

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Kungenxa yale nto ke singethi mandla nje. Kaloku imo yethu entsha isuka ihlaziyeke ngokuhlaziyeka, nokuba imo yethu endala yona iya isonakala ngokonakala.

17Ewe, ezi mbandezelo zexeshana, zincinane zinjalo, zisilungiselela iwonga laphakade, elingenakulinganiswa nazo.

18Ngoko ke asilangazeleli zinto zibonwayo, silangazelela ezingabonwayo. Kaloku ezibonwayo izinto zezexeshana nje, kanti ezingabonakaliyo ziya kuhlala zihleli.

2 KwabaseKorinte 5

1Siyazi kaloku ukuba xa ithe yachithwa le ndlu yalapha emhlabeni, sinesakhiwo asilungiselele sona uThixo, esisezulwini, esiya kuhlala sihleli.

2Kule meko siyancwina, silangazelela ukungena kweso sakhiwo sethu sisezulwini.

3Ukuba singene kuso ke, asinakuyidinga indawo yokuhlala.

4Okwangoku sisekule ndlu yasemhlabeni siyancwina, siziva sicinezelekile. Asikuko ke nokuba asisayifuni le ndlu yethu yasemhlabeni, koko kukuba silangazelela ukungena kweso sakhiwo sethu sisezulwini, ukuze oko kufayo kuginywe bubomi.

5NguThixo ngokwakhe osilungiselela le nguqulelo; nguye osinike uMoya oyiNgcwele osisiqinisekiso sazo zonke izinto asilungiselele zona.

6Ngoko ke sihlala sinethemba. Kaloku siyazi ukuba xa sisekulo mzimba, sikude nelo khaya liseNkosini.

7Kuba siphila ngokukholwa, kungekuko ngezinto esizibonayo.

8Asithandabuzi, ngoko ke sinolangazelelo lokuwushiya lo mzimba, siye kuhlala neNkosi.

9Ngaphezu kwezinto zonke ke ibhongo lethu kukuba sithi noba sikweli ikhaya, okanye sikwelo sililangazelelayo, sihlale samkelekile kuyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[10]Kuba sonke kufuneka sivele phambi koKrestu, asivavanye. Umntu ngamnye uya kufumana loo nto imfaneleyo, nokuba yentle, nokuba yembi, ngokwendlela ebeziphethe ngayo kulo mzimba.

Ubuhlobo noThixo ngoKrestu

[11]Ngenxa yokuba siyithobela iNkosi, sizama ukuzuza abantu. UThixo uyasiqonda ngokupheleleyo, ibe ke nani ndiyathemba ukuba nathi nisiqonda ngokupheleleyo.

[12]Ngale ndlela ke asizami kuzithandekisa kuni, nto nje sinenzela indlela yokuba nikwazi ukuba neqhayiya ngathi, ukuze nikwazi ukubaphendula abo baqhayisa ngembonakalo endaweni yokuqhayisa ngesimilo.

[13]Ukuba asibhadlanga, kungenxa kaThixo. Kanti ukuba sibhadlile, kungenxa yenu.

[14]Kaloku uthando lukaKrestu lusongamele. Ngoko ke sigqiba kwelithi xa kwafa umntu omnye, efela abantu bonke, lonke uluntu lunenxaxheba koko kufa kwakhe.

[15]Wafela abantu bonke, ukuze abo basaphilayo bangabi saziphilela, kodwa baphilele yena wafayo wavuka ngenxa yabo.

[16]Ngoko ke asisagwebi mntu ngomgangatho wehlabathi. Noba singade sibe sakha samthatha ngolo hlobo uKrestu, asisayenzi loo nto ngoku.

[17]Akuba umntu emanywe noKrestu uba yindalo entsha – isimo esidala yinto yezolo, sekuqaleke isimo esitsha.

[18]Wonke lo msebenzi wenziwa nguThixo. Nguye othe ngoYesu Krestu wasixolelanisa naye ngokwakhe, wasinika umsebenzi wokuxolelanisa.

[19]Kaloku ngoKrestu uThixo wayelixolelanisa naye ngokwakhe ihlabathi, engasababeki tyala abantu ngezono zabo, waza wasiphathisa umsebenzi woxolelaniso.

[20]Ngoko ke sizizigidimi zikaKrestu ngokungathi uThixo unibongoza ngathi. Ngenxa kaKrestu siyanicenga, yibani noxolo noThixo!

© 1996 Bible Society of South Africa.

21Nangona wayengenasono uKrestu, kodwa ngenxa yethu, uThixo wamenza wanenxaxheba kwisono sethu, ukuze thina sithi ngokumanywa naye sibe nenxaxheba ebulungiseni bukaThixo.

2 KwabaseKorinte 6

1Ngoko ke njengabo basebenzisana noThixo siyanibongoza ukuba ningathi kanti ubabalo lukaThixo nilwamkelele ilize.

2Kaloku uthi uThixo: “Ndasabela ngomhla okholekileyo, ndakunceda ngomhla wokusindiswa kwakho.” Khangela ke, nguwo lo umhla okholekileyo, yiyo le imini yokusindiswa!

3Ukuze umsebenzi wethu ungabekwa bala, siyaziphepha izinto ezinokukhubekisa nabani na.

4Ewe, kuyo yonke imicimbi siyazicacisa ukuba sizizicaka zikaThixo, ngokunyamezela sisezinkathazweni – sisezimbandezelweni nasebunzimeni asityhafi:

5noba siyabethwa, nditsho sesifakwa ezintolongweni, noba siphakathi kwezidubedube, nditsho sesisetyenziswa ngaphezu kwamandla ethu, naxa singalali okanye singatyi.

6Siyazicacisa ukuba sizizicaka zikaThixo ngobunyulu, ngamava, ngokuza kade komsindo, nangobubele; ngamandla kaMoya oyiNgcwele, nangothando olungazenzisiyo;

7ngokushumayela inyaniso, nangamandla kaThixo. Isikrweqe sethu bubulungisa; ngaso siyahlasela, sihlanganise futhi.

8Singabanesidima, singabalihlazo; siyathukwa, siyanconywa futhi. Siphathwa njengamaxoki, nakuba sithetha inyaniso;

9ngathi asaziwa, ukanti saziwa ngabo bonke; ngathi sifile, kanti siphilile. Nangona sisohlwaywa, asibulawa noko;

© 1996 Bible Society of South Africa.

10nangona sineenzingo, sihlala sichwayitile. Ngathi singamahlwempu, ukanti
abaninzi batyeba ngathi; ngathi singabasweleyo, kanti siphuphuma izinto
zonke.

11Zihlobo zaseKorinte, sithethe ngokucacileyo nani, sizityand' igila kuni.

12Ngakwelethu icala asinifihlelanga nto, koko nini abasahleli eqokobheni.

13Ngoku ke ndithetha njengoyise kubantwana: Nani linganisani mna,
nizityand' igila kum!

Isilumkiso ngefuthe labahedeni

14Musani ukuzilinganisa nizifanise nabantu abangakholwayo, kuba àyenziwa
loo nto. Ingádibana njani into elungileyo nengalunganga? Kungahlala njani
ukukhanya ndawonye nobumnyama?

15Unabudlelane buni uKrestu nomtyholi? Linabudlelane buni ikholwa nomntu
ongakholwayo?

16Inabudlelane buni na indlu kaThixo nezithixo zeentlanga? Kaloku thina
siyindlu kaThixo ophilayo! Kutsho uThixo ngokwakhe ukuthi: “Ndiya kulenza
kubantu bam ikhaya lam, ndihlale phakathi kwabo, ndibe nguThixo wabo,
babe ngabantu bam ke bona.”

17Ngokunjalo iNkosi ithi: “ ‘Phumani phakathi kwabo, nahlukane nabo.
Musani ukuyichukumisa into engcolileyo. Mna ndiya kunamkela.

18Ndoba nguyihlo, nina nibe ngoonyana neentombi zam,’ itsho iNkosi
uSomandla.”

2 KwabaseKorinte 7

1Xa ke kanti, mawethu, izithembiso ezinje zenzelwa thina, masizenze sibe
nyulu emzimbeni nasemphefumlweni, sibe ngcwele ngokuhlala simoyika
uThixo.

Uvuyo lukaPawulos

2Nize nihlale nindikhumbula. Andonanga mntu, ndingenzakalisanga bani
kuni, akukho nabani ndamqhathayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Anditsho kuba ndifuna kunibeka bala nganto. Senditshilo kakade ukuthi
nina nisenyongweni kum – mna nani sofa kunye.

4Ndinithembe gqitha, yaye ndinebhongo ngani, kangangokuba kubo bonke
ubunzima endinabo ndisuka ndizive ndisomelezeka, ndiphuphuma luvuyo.

5Andizange ndaba nakuphumla konke-konke, naxa sendifikile eMakedoni.
Kwakuziingxabano apho, ngapha nangapha; ndabe ke mna ndinxunguphele.

6Kodwa, uThixo obomelezayo abadakumbileyo, wandivuselela ngokufika
kukaTito.

7Akubanga kukufika kwakhe nje kodwa, koko nengxelo yakhe ngokumphatha
kakuhle kwenu nimkhuthaza, nayo yandivuselela. Wandixelela nokuba
anisanqweni ngako ukundibona, nokuba nilusizi, nifuna nokundilwela.
Ndonwabe ngakumbi ke ngaloo nto.

8Xa ndinixelela inyaniso, nokokuba laa ncwadi ndanibhalela yona yanenza
buhlungu, andisevi kakubi mna yiloo nto ngoku. Kaloku ndiphawule ukuba
naba buhlungu yiyo, nokuba kokwexeshana nje.

9Kodwa ndiyavuya ngoku – phofu ingekuko kuba ndanivisa ubuhlungu, koko
ikukuba intlungu yenu yanibangela inguquko. Intlungu yenu ibe yinto esuke
yasetyenziswa nguThixo; ngoko ke andinenzakalisanga.

10Kaloku ithi intlungu yakusetyenziswa nguThixo, izise inguquko esa
ekusindisweni; akukho kuzisola ke ngoko. Kodwa intlungu yasehlabathini
yona ibanga ukufa.

11Khanibone into anenzele yona uThixo ngentlungu yenu: nitsho
nanenyameko, nafuna nokuzihlamba ibala lesityholo, nakhathazeka,
nanomothuko, nalangazelela nokundibona, natshiseka, nakuqonda
nokohlwaya isono. Nibonakalise ngeendlela zonke ukuba aninabala kulo
mbandela.

12Naxa ke ndayibhalayo incwadi leyo kwakungengakuba ndandiyibhala
ngenxa kabani owonileyo okanye ubani owoniweyo. Injongo yam

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ekuyibhaleni yayikukuba ndinibonise mhlophe phambi koThixo indlela enizikhathaza ngayo ngam.

13Indivuselele kanobom ke loo nto. Andivuselelekanga nje kuphela, koko ndivuyiswa nangakumbi yindlela enanimphethe ngayo uTito xa ninonke, nimenza onwabe.

14Ndakha ndamqhayisela ngani, nani ke anindiphoxanga. Bendisoloko ndithetha inyaniso kuni ngawo onke amaxesha, ngokunjalo ke nokuqhayisa kwam kuTito akubanga bubuxoki.

15Naye uya enithanda ngakumbi, ebangwa ziinkumbulo zokumthobela kwenu, nimphethe kakuhle ngembeko noloyiko.

16Ndonwabe kwaphela kuba ndinebhongo lokuba ndinganithemba ngokupheleleyo.

2 KwabaseKorinte 8

Ukunikela kwamakholwa

1Ndithanda ukunazisa, mawethu, ngendlela esisebenze ngayo isisa sikaThixo kumabandla aseMakedoni.

2Balingeke ngokugqithisileyo, iinkathazo zibavela ngapha nangapha; kodwa naxa kunjalo, babenochulumacho olukwangako, baza banikela ngezandla ezingenamkhinkqi, nangona bona ngokwabo beswele.

3Ndiyaniqinisekisa ukuba banikele kangangoko babenako. Enyanisweni banikele nangaphezu kokuba benako, ngokuqhutywa ziintliziyo zabo.

4Bandincekelele bendicenga, befuna ukuba nenxaxheba kwilungelo lokupha abantu bakaThixo bakwaJuda.

5Banikele nangaphezu kokuba bendilindele mna! Baqale ngokunikela iziqu zabo eNkosini; baza ngokuvuma kukaThixo bazinikela bona ngokwabo nakum.

6Ngoko ke ndimcelile uTito, yena wawuqalayo lo msebenzi, ukuba awuqhube anincedise nide nilifeze eli phulo lomsebenzi wothando.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Niphuphuma izinto zonke: ukholo, ukuthetha, nolwazi, ngolangazelelo
eninalo lokunceda, kwanothando enisithanda ngalo. Ngoko ke ndingavuya xa
ninokubonakalisa izinwe zenu kweli phulo lothando.

8Andinibekeli mthetho; nto nje ngokunikhuthaza ngomzekelo wabanye
abantu, ndizama ukulola olwenu uthando.

9Kaloku niyasazi isisa seNkosi yethu uYesu Krestu; nangona wayesisityebi,
kodwa wazenza ihlwempu ngenxa yenu, ukuze nina nibe zizityebi
ngobuhlwempu bakhe.

10Nalu uluvo lwam kulo mcimbi: kubhetele ukuba niyigqibe ngoku loo nto
nayiqala kunyaka ophelileyo. Anibanga ngabokuqala nje ekwenzeni kuphela,
kodwa naba ngabokuqala nasekuboniseni ulangazelelo lokwenza.

11Ngoko ke ndithi: Phambili, nide niwufeze umsebenzi! Njengokuba
nazimisela kwasekusungulweni kwawo, zimiseleni nide niwugqibe, ninikele
kangangoko ninako.

12Ukuba ninolangazelelo, uThixo uyawamkela umnikelo wenu. Kaloku
uThixo ufuna umntu aphe ngokobungakanani bezinto anazo, ingebubo
obezinto angenazo.

13-14Andizami kuphungulela kuni umthwalo weengxaki zabanye,
ngokunithwalisa umthwalo wabo. Kodwa njengoko nina nimi kakuhle ngoku,
kulungile ukuba nibancede abo basweleyo, khon' ukuze xa nani nisweleyo
banincede nabo. Ngale ndlela ke noba niphathana ngokufanayo,

15njengoko neziBhalo zisitsho ukuthi: “Lowo ubuthe kakhulu akagqithisanga,
nalowo ubuthe kancinci wanele.”

UTito nabalingane bakhe

16Ndiyambulela uThixo ngokwenza uTito abe nomdla kuni njengam.

17Akanelanga kusamkela nje isicelo sam, koko usuke wabonakalisa umdla
ngangokude agqibe ngokwakhe ukuba uyeza kuni.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

18Uza kukhatshwa ngomnye umwethu oxatyiswe kakhulu ngamabandla
ngenxa yokuzishumayela kwakhe iindaba ezimnandi.

19Ngaphezu koko wanyulwa, wamiselwa ngamabandla ukuba ajikeleze kunye
nam kweli phulo lothando sidumisa ngalo iNkosi nesiwubonakalisa ngalo
umdla wethu wokunceda.

20Ndizamela ukuba kungabikho gxeke ngendlela endiwuphethe ngayo lo
mcimbi weli phulo lingaka.

21Injongo yam kukuba ndingathembeki kuThixo kuphela, koko ndithenjwe
nangabantu.

22Yiyo ke le nto ndimthuma kuni kunye nabanye. Yena ubesekuvavanyweni
amaxesha ngamaxesha, ndamfumana enomdla ekuncediseni. Nanjengoko
ekholisekile nini, usuke wanomdla ngakumbi ngoku.

23UTito yena ngumlingane endisebenza naye ekuncediseni nina. Amanye ke
amakholwa ahamba naye, amele amabandla, eludumo kuKrestu.

24Bamkeleni ke ngezandla ezishushu, nibabelezele, ukuze onke amabandla
aqonde ukuba bendingathethi nje xa bendiqhayisa ngani.

2 KwabaseKorinte 9

Iphulo lokunceda amaKrestu

1Akukho mfuneko yokuba ndinibhalele mayela nombandela wephulo
lokunceda abantu bakaThixo abakwaJuda.

2Ngangokuwazi kwam umdla eninawo sendide ndaqhayisa nokuqhayisa
ngani kubantu baseMakedoni, ndisithi nina ma-Akaya naniseniwulungele
kwakunyaka ophelileyo lo mbandela. Umdla wenu ke uvuselele abantu
abaninzi.

3Ndithumela loo makholwa kuni ngoku, khon' ukuze kungabi ngathi
ndandithetha nje xa ndandiqhayisa ngani mayela nalo mcimbi. Njengokuba
sendiqhayisile nje ke, bekungakuhle ukuba bafike senilungile.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Nanjengokuba ndinithemba kangaka nje, ndingadana kakhulu, nani nihlazeke kakubi, ukuba kunokufika abantu baseMakedoni apho, behamba nam, ningekalungi.

5Kungoko ke ndithe la makholwa makabe ehamba kuqala, ukuza kukhangela ukuba senisilungisile na isipho enathembisa ngaso, khon' ukuze ke mna ndifike sesilungile, singumnikelo wenu wesisa, ingekuko kuba ninyanzelwa.

6Nize nikhumbule ukuba ohlwayela kancinane uvuna kancinane, ohlwayela kakhulu avune isivuno esikhulu.

7Elowo ke makanikele kangangoko agqibe ngako, engenasikrokro, engaziva enyanzelekile, kuba uThixo uthanda umntu opha ngobubele.

8Kaloku unako uThixo ukunipha nangaphezu kweemfuneko zenu, ukuze nisoloko nanele kwiimeko zonke, nibe nako ukuhlangabezana nayo yonke imisebenzi emihle,

9njengoko zitshoyo neziBhalo ukuthi: “Uwapha ngesisa amahlwempu; ububele belungisa buhlala buhleli.”

10Ke uThixo obonelela umhlwayeli ngembewu nangesonka, uya kunibonelela nani ngembewu eniyisweleyo, ayikhulise inivelisele isivuno esihle ngokobubele benu.

11Nohlala nanele ukuze nikwazi ukusoloko ninezinwe, khon' ukuze uThixo abulelwe ngabantu abaninzi ngenxa yezipho zenu abazifumana kuthi.

12Le nkonzo niyenzayo kaloku ayanele nje kukuhlangabezana neentswelo zabantu bakaThixo, koko ibanga ukuphuphuma kwemibulelo ebhekiswa kuThixo.

13Abaninzi ke baya kumdumisa uThixo ngenxa yokucaca kwentembeko yenu, xa bebona ukumthobela kwenu nokunyaniseka kwenu kwiindaba ezimnandi zikaKrestu, nangobubele benu, kuba nisabelana nabo bonke abanye.

14Bonithandazela ke benga banganibona ngenxa yesisa esikhulu anenzele sona uThixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

15Makabulelwe uThixo ngesipho sakhe esingaka.

2 KwabaseKorinte 10

UPawulos ukhusela umsebenzi wakhe

1Ndim, mna Pawulos ngenkqu, onibongozayo, nakuba kusithiwa ndinobulali
ndithantamisa xa ndilapho phakathi kwenu, kodwa ndithi ndakuba ndisithele
ndibe nesibindi nobuganga ngakuni. Ndiyanicenga ke, ngenxa
yokuthantamisa nobubele bukaKrestu:

2musani ukundinyanzela ukuba ndibe nesibindi nobuganga ndakuba ndifikile
apho kuni; kuba ke ndiyaqonda ukuba ndinganabo ubuganga kwabo
bandityhola ngokuthi ndiqhutywa lifuthe labantu beli hlabathi.

3Kuyinene kona ukuba sihleli apha ehlabathini; kodwa ke asilwi
ngokwehlabathi.

4Kaloku izixhobo esilwa ngazo ayizizo ezehlabathi, koko zizikrweqe
ezomeleleyo zikaThixo. Ngazo ke sidiliza iinqaba. Ewe, sichitha iingxoxo
ezilahlekisayo;

5sidiliza ngazo yonke imiqobo yamabhongo achasa ukuba abantu bamazi
uThixo; sithimba zonke iingcamango, sizenze zithobele uKrestu.

6Xa nani ke seniyibonakalisile ngokupheleleyo neyenu intobeko, soba nako ke
ukulungela ukohlwaya yonke inkcaso.

7Izinto zijongeni njengokuba zinjalo. Ngaba ukho na apho phakathi kwenu
ozimisele ukuba ungokaKrestu yena? Lowo ke makazikise ukucinga, kuba
nathi singabakaKrestu kwanjengaye.

8Kuba andinazintloni, nokuba lingade libe lithe kratya iqhayiya lam
ngegunya esalinikwa yiNkosi. Ligunya lokunakha, asililo elokunidiliza.

9Iileta zam sanukuzithatha ngokungathi ndizama ukunigrogrisa ngazo.

10Kaloku abanye bathi: “Unesibindi nobuganga xa ebhala, kodwa asakufika
yena buqu, ulitatasholo, nokuthetha kwakhe kuphuthile.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[11]Abo batshoyo mabaqonde le ndawo: ukufika kwam apho ndiya kwenza kwangale ndlela ndithetha ngayo xa ningekhoyo.

[12]Ngenene, thina asingeze sazilinganisa nabo baziphakamisayo. Bazizityhakala! Bazilinganisa nabo ngokwabo, besebenzisa imigangatho abayimise kwangokwabo!

[13]Okwethu ke ukuqhayisa kuphantsi kwemida ethile. Akudluli kwimida yokusebenza esiyimiselwe nguThixo, ebandakanya nokusebenza kwethu phakathi kwenu.

[14]Njengoko ke nani nikwakuloo mida, andiyitsibanga ke ngokuza kuni ndiniphathele iindaba ezimnandi ezingoKrestu.

[15]Ngoko ke andiqhayisi ngomsebenzi owenziwe ngabanye ngaphaya kwemida endiyimiselwe nguThixo. Ndaweni yaloo nto, ndinethemba lokuba lwakukhula ukholo lwenu, ndiya kuba nako ukwenza umsebenzi ongaphezulu phakathi kwenu, ndisoloko ndikwimida endiyimiselwe nguThixo.

[16]Kamva ke ndoba nako ukuzishumayela iindaba ezimnandi kumazwe angaphaya kwenu, ukuze ndingaqhayisi ngomsebenzi osewenziwe kwimida yomnye umntu.

[17]Kodwa ke, njengoko zitshoyo iziBhalo: “Nabani na othanda ukuqhayisa, makaqhayise ngento eyenziwe yiNkosi.”

[18]Kaloku umntu owamkelekileyo ngulowo unconywa yiNkosi, ingenguye ozincoma ngokwakhe.

2 KwabaseKorinte 11

UPawulos nabathunywa bobuxoki

[1]Bendinga ningakhe nindinyamezele kancinane kobu budenge bam; ngenene ndinyamezeleni!

[2]Ndinekhwele ngani kanye ngale ndlela uThixo anekhwele ngayo ngani; ninjengentombi enyulu endiyendisela esokeni elinye qha, elinguKrestu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Kambe ndinoloyiko hleze iingqondo zenu ziwexuleke, nikutyeshele ukuzondelela uKrestu, kanye ngalaa ndlela uEfa walukuhlwa ngayo bubuqhetseba benyoka.

4Kaloku nithakazelela nabani na oza kuni anishumayeze uKrestu ongomnye, ongenguye lo ndamshumayelayo; nize ninyamazele nabani na oza nomoya ongenguye lo namnikwayo. Namkela neendaba ezinxamnye neendaba ezimnandi enazifumana kuthi.

5Akukho nto ndisilela ngayo kwabo bathunywa benu baxabisekileyo!

6Kungenzeka ukuba andilociko ekuthetheni, kodwa ke ndinalo lona ulwazi. Iye yacaca le nto kuni amaxesha ngamaxesha naphantsi kweemeko ngeemeko.

7Ngokuya ndandinishumayeza iindaba ezimnandi zikaThixo zange ndinihlawulise nento le; ndazithoba mna ukuze nizimaseke nina. Ngaba ndona ngokwenjenjalo?

8Ngokuya ndandisebenza phakathi kwenu ndandibonelelwa ngamanye amabandla. Ngenye indlela ndandiwaqhatha ukuze ndincede nina.

9Ngelo xesha ndandinani andizange ndinikhathaze ngakufuna nto kuni xa ndandiswele imali. Amakholwa awayevela eMakedoni andiphathela yonke into endandiyiswele. Njengakwixesha elidlulileyo, koba njalo nakwelizayo: andisoze ndibe ngumthwalo kuni!

10Ndithetha ndingokaKrestu nje, eli qhayiya ndinalo lokuba ndingengomthwalo kuni aliyi kunqandwa bani kulo lonke elaseAkaya.

11Ndiyithethiswa yintoni ke le nto? Ngaba kungenxa yokuba ndinganithandi? UThixo uyazi ukuba ndiyanithanda!

12Ndiya kuqhubela phambili ndisenza le nto ndiyenzayo, ukuze ndibavalele abo bathunywa babo bangabi nandlela yakuqhayisa, besithi benza kwalo msebenzi ndiwenzayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Loo madoda ayingobathunywa – angoosinga-bathunywa; azithethelela ngobuqhetseba, azenze akhangeleke ngathi angabathunywa bakaKrestu ngenene.

14Ayimangalisi loo nto, kuba noSathana ngokwakhe uzenza akhangeleke ngathi sisithunywa sokukhanya.

15Ngoko ke yinto elula ukuba izicaka zakhe zizenze zikhangeleke njengezicaka zikaThixo. Kodwa ke baya kuvuna loo nto bayihlwayeleyo.

Ubunzima obathwalwa nguPawulos

16Kwakhona ndithi makungabikho bani uba ndisisidenge. Kodwa ukuba nithi ndisisidenge, ze nindinyamezele ke njengesidenge, oku kokuba ndifumane ithutyana lokuqhayisa.

17Ngenene le nto ndiyithethayo ngoku andiyithunywanga yiNkosi. Kulo mbandela wokuqhayisa ndithetha njengesidenge mpela.

18Kodwa ke ngenxa yokuba bebaninzi kangaka nje abaqhayisa ngamabakala eli hlabathi, nam ndiya kwenjenjalo.

19Nakuba nina nilumke kangaka nje niyakuthakazelela kodwa ukunyamezela izidenge!

20Ninyamezela nabani na onivuyelelayo, okanye onixhaphazayo, okanye ozanyiselelayo, okanye onijongele phantsi, okanye oniqhwabayo.

21Ndineentloni ukuyivuma loo nto; kambe mna ndaba ligwala! Kodwa ke ukuba kukho bani onobuganga bokuqhayisa – ndivakala njengesidenge – nam ndiya kuba nobuganga obukwanjalo.

22Ngaba bangamaHebhere na? Nam ndinguye. BangamaSirayeli? Nam ndinguye. Ngaba bayinzala ka-Abraham na? Nam ndiyiyo.

23Bazizicaka zikaKrestu na? – Ndivakala njengegeza – Nam ndisiso, nangaphezulu! Ndisebenze nzima ngokungaphezulu, ndivalelwe kaninzi entolongweni, ndikatswe kaninzi, ndilikrobe kaninzi ingcwaba.

© 1996 Bible Society of South Africa.

24Kukahlanu ndikatswa imivumbo engamashumi amathathu anethoba
ngamaJuda.

25Ndikatswe izihlandlo ezithathu ngamaRoma, futhi ndakha ndaxulutywa
ngamatye.Kukathathu ndiqhekekelwa yinqanawa elwandle; ndakha
ndachitha ubusuku nemini enzonzobileni yamanzi.

26Ndaba soloko ndiseluhambeni; ndibe sezingozini emilanjeni, iingozi
kwizihange, iingozi kumawethu,iingozi kwabasemzini, iingozi ezidolophini,
iingozi emaphandleni, iingozi elwandle, iingozi nakwabanga bazizihlobo.

27Ndaba soloko ndisebenza nzima, ndibulaleka; ndaba soloko ndingalali;
ndilamba, ndinxanwa; ndaba soloko ndiswele ukutya okwaneleyo, indawo
yokuhlala, nempahla yokunxiba.

28Ndingasazibaluli ke ezinye izinto, ndinoxanduva endisoloko ndinalo mihla
le: ixhala lokuzondelela inkqubela kuwo onke amabandla.

29Xa kukho obuthathaka, nam ndiba buthathaka; ukuba kukho owe esonweni,
ndiyakhathazeka.

30Xa kuyimfuneko ukuba ndiqhayise, ndiya kuqhayisa ngezo zinto
zibonakalisa ubuthathaka bam.

31UThixo uYise weNkosi uYesu – malidunyiswe igama lakhe njalo-njalo –
uyazi ukuba andixoki.

32Xa ndandiseDamasko irhuluneli ephantsi kokumkani uAreta yabeka
abalindi emasangweni edolophu ukuze bandibambe.

33Kodwa ndathotywa ngebhaskiti kwikroba elaliseludongeni, ndasinda ke.

2 KwabaseKorinte 12

Imibono nezityhilelo zikaPawulos

1Ndiya kuqhayisa ke khona, nakuba loo nto ingancedi nje. Ndiza kubalisa
ngemibono nangezityhilelo zeNkosi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

2Kukho mfo uthile womKrestu owathi kwiminyaka elishumi elinane
eyadlulayo, wathwetyulelwa phezulu ezulwini. (Andazi phofu nokokuba
yehla ngenene le nto, nokuba yayingumbono nje; kwazi uThixo kuphela.)

3-4Ndiyaphinda ndithi loo mfo wathwetyulelwa ezulwini. (Ndiphinde ndithi
kwakhona nokokuba yehla ngenene le nto, nokuba yayingumbono nje,
andazi; kwazi uThixo kuphela.) Wathwetyulelwa apho akhoyo uThixo. Apho
ke weva amazwi angathethekiyo, ekungavumelekanga nokuba athethwe
mntu.

5Nguloo mfo ke lo ndiza kuqhayisa ngaye. Mna andizi kuzingca nganto
ngaphandle nje kwezo zibonakalisa ubuthathaka bam.

6Phofu ukuba bendingafunayo ukuqhayisa bendingayi kuba ndisisidenge,
kuba bendiya kuba ndithetha inyaniso. Kodwa ke andizi kuqhayisa, kuba
andifuni kubekho mntu undicingela ngaphezu kwaloo nto ndiyiyo ekwenzeni
nasekuthetheni.

7Ngoko ke, ukuze ndingakhukhumali likratshi ngenxa yezi zityhilelo
zimangalisayo, ndabethwa ngesifo esaba sisithunywa sikaSathana ukuze
sindintlithe ndingazingci ngokugqithisileyo.

8Ndayithandaza kathathu iNkosi, ndiyicela ukuba isisuse kum.

9Kodwa yandiphendula yathi: “Ubabalo lwam lukwanele, kuba amandla am
acaca xa ubuthathaka.” Ngoko ke ndikhetha ukuqhayisa ngezinto
ezibonakalisa ubuthathaka bam, ukuze ndikuve ukongama kwamandla
kaKrestu phezu kwam.

10Ndanelisekile ke ngoko nokuba ndibuthathaka, nokuba ndiyagxekwa,
nokuba nditsala nzima, nditshutshiswa, ndithwala iimbandezelo ngenxa
kaKrestu. Kuba xa ndibuthathaka, kuxa kanye ndinamandla.

UPawulos uxhalela amaKorinte

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11Ndenze ubudenge ngokuqhayisa, kodwa nini abandibangele obo budenge.
Bendifanele ukuba ndinconywe nini; kuba, nokuba andinto na, andikho
nganeno kodwa kwabo singa-bathunywa benu!

12Nizibone ngawenu amehlo iimpawu zomthunywa ngemiqondiso yamandla
nemimangaliso endathi rhoqo ukuyenza phakathi kwenu.

13Ngaba kukho nto iyenye na ndanenzela yona kakubi nina kunamanye
amabandla, ngaphandle nje kokuba ndingabanga ngumthwalo kuni?
Ndiyaxolisa ke ngelo xanasi!

14Ngoku sesesithathu isihlandlo ndikulungele ukuza kunibona; ndaye
ndingazi kuba ngumthwalo konke kuni. Ndixabise nina kunemali yenu.
Andibi kanene ngabazali abondla abantwana, ayingobantwana abondla
abazali!

15Kungamnandi kakhulu kum ukuba mna ndinokudleka, ewe, ndichithe
konke endinako ngenxa yenu. Ndinithanda kangaka nje mna, ngaba nina
nindithanda kancinane?

16Ewe, nokuba bendingengomthwalo kuni, nisenokutsho ukuthi ndaninyusha
ngobuqhetseba bam.

17Njani? Yiyiphi kumadoda endawathuma kuni, endathi maze inixhaphaze?

18UTito ndamthundeza ukuze anihambele, ekhatshwa ngulaa mwethu
ndandimthume kuni. Ningatsho ukuthi uTito waninyusha? Ningathini kaloku
nisazi kakuhle nje ukuba yena nam sineenjongo ezinye, siqhuba ngenkqubo
enye?

19Kungenzeka kambe ukuba ngalo lonke eli xesha niba ndiyazithethelela
kuni. Hayi, ndithetha phambi koThixo, ndingokaKrestu, yaye nenjongo yam
ikukuba nakheke, zihlobo zam ezithandekayo.

20Ndinoloyiko lokuba ndifike apho ningeyiyo into endinqwenela ukufika
niyiyo, nam ndingeyiyo leyo nindinqwenelela ukuba ndibe yiyo. Ndinoloyiko

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

hleze ndifike kukho iingxabano nomona, imisindo nolunya, izinyeliso neentlebendwane, amayelenqe neziphithi-phithi.

21Ndinexhala lokuba ndakuthi ndakufika apho andiphoxe uThixo wam, ndilile phambi kwenu ngenxa yabo bonileyo baza àbaguquka ekungcoleni abakwenza ngombulo nokurheletya.

2 KwabaseKorinte 13

Izilumkiso nemibuliso

1Eli liza kuba lixesha lesithathu ndinityelela. “Nasiphi na isityholo kufuneka simiswe ngamangqina amabini okanye amathathu,” njengoko zisitsho iziBhalo.

2Ndibhekisa kwabo babonile ngaphambili, kunye nawuphi na ongomnye. Ndandikhe ndatsho kambe kutyelelo lwam lwesibini, kodwa ndiyaphinda nangoku ndingekhoyo ukuthi: xa ndiphinda ukuza apho, akukho bani uya kusinda ekohlwayweni.

3Nithi nifuna ukuqinisekiswa ukuba uKrestu uyathetha ngam. Nimazi engelobhetye-bhetye, kodwa enamandla phakathi kwenu.

4Kuba nakuba wabulawa emnqamlezweni enenxaxheba kubuthathaka bethu, udla ubomi ngamandla kaThixo. Ngoko ke ndibuthathaka kuba ndimanywe naye, kodwa ndiyakudla ubomi naye ngamandla kaThixo. Iya kucaca ke loo nto kuni.

5Zivavanyeni niziqonde ukuba ningamakholwa ngenene na. Khanizicikide. Ngokuqinisekileyo niyaqonda ukuba uYesu Krestu ukho kuni – ngaphandle kokuba ngaba noyisakele.

6Ndiyathemba ukuba niya kuqonda ukuba ndiphumelele mna.

7Ndithandaza kuThixo ukuba ningoni tu – kungekuko ukubonakalisa impumelelo yam, kodwa kukuze nenze oko kulungileyo, nangona mna ndinga ngathi ndoyisiwe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Kaloku mna andiyenzi into ephikisana nenyaniso, kuba ndingakuyo
inyaniso.

9Ndiyavuya mna xa ndibuthathaka nibe ke nina nomelele. Ngoko ke
ndithandazela ukuba ningabi nampazamo.

10Yiyo le nto ndibhala ngoku ndingekezi apho kuni. Ndenzela ukuba ze ndithi
ndakufika apho ndinganiphathi gadalala, ndisebenzisa igunya endalinikwa
yiNkosi – igunya lokunakha, ingelilo elokuniwisa.

11Ekugqibeleni ke, mawethu, ndithi salani kakuhle. Zamelani ukuba ningabi
nampazamo; zigqaleni iziyalo; visisanani, nihlale ngoxolo. Ngoko ke uThixo
wothando noxolo uya kuba nani.

12Bulisanani ngokwamakholwa. Bonke abantu bakaThixo bayanibulisa.

13Ubabalo lweNkosi uYesu Krestu, nothando lukaThixo, nobudlelane boMoya
oyiNgcwele, maluhlale nani nonke.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

KumaGalati 1

Isingeniso

1Kubhala mna Pawulos ndabizwayo ndaba ngumthunywa, ndingabizwanga
mntu, okanye ndimiselwe mntu; koko ndibizwe nguYesu Krestu noThixo
uYise, owamvusayo uYesu ekufeni.

2Mna namawethu onke akunye nam siyanibulisa, mabandla aseGalati, sithi:

3Wanga uThixo wethu neNkosi yethu uYesu Krestu anganenzela isisa, aniphe
uxolo.

4UKrestu wancama ubomi bakhe ngenxa yezono zethu, ukuze asihlangule
egunyeni leli hlabathi longendawo, ethobela ukuthanda kukaYise uThixo
wethu.

5Makadunyiswe uThixo ngonaphakade! Amen.

Iindaba ezimnandi ezizodwa

6Ndinithele nqa ukuba nithi ngexeshana nje elingephi nibe senindlandlatheka
emva kwezinye iindaba ezingathi zimnandi, nimfulathele lowo wanibizayo
ngesisa sikaKrestu.

7Eneneni akukho ndaba zimbi zimnandi zizezinye, koko nditsho nje kuba
kukho abantu abaniphazamisayo, bezama ukuzigqwetha iindaba ezimnandi
ezingoKrestu.

8Kodwa ukuba kukho umntu, nokuba ndim, nokuba sisithunywa sezulu,
oshumayela iindaba ezinxamnye nezo ndanishumayeza zona: uqalekisiwe
lowo.

9Besenditshilo, nangoku ndiyaphinda, ndithi: Ukuba kukho bani
onishumayeza iindaba ezingathi zimnandi eziphikisana nezo senizamkele, loo
mntu makaqalekiswe!

10Ngaba ndivakala ngathi ndifuna abantu babe ngakwicala lam na? Hayi,
nguThixo kuphela endifuna abe ngakum. Niba ngaba ndizicengezela

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ebantwini? Ukuba bendizicengezela ebantwini, ngendingesiso isicaka sikaKrestu.

Ukubizwa kukaPawulos

11Mandiyithethe ngokuphandle, mawethu, into yokuba ezi ndaba
ndizishumayelayo aziyonto nje equlunqwe ngumntu.

12Nam andizinikwanga mntu, futhi ndingazifundiswanga mntu;
ndazityhilelwa nguYesu Krestu.

13Ndiyacinga ukuba senivile ngobomi bam ngokuya ndandingekaguquki
ekulandeleni izithethe zonqulo lwamaJuda. Okuya ndandilitshutshisa
ngokungenanceba ibandla likaThixo, ndifunzele ukulitshabalalisa.

14Kwezonqulo ndandigalawele kuneentanga zam ezininzi. Ndandibalasele
ngenzondelelo kwizithethe zamanyange.

15Kodwa uThixo wandinyula ndingekazalwa, wandibiza ngenxa yesisa sakhe
ukuba ndimsebenzele. Kuthe ke kwakukholeka kuThixo

16ukumbonakalisa uNyana wakhe kum, ukuze ndishumayele iindaba zakhe
ezintlangeni, andabi sabuza nto mntwini,

17andabi saya nokuya naseJerusalem kubathunywa abadala kunam
emsebenzini, koko ndasuka ndaya ngqo kwelama-Arabhu. Emva koko ke
ndabuyela eDamasko.

18EJerusalem ndaya emva kweminyaka emithathu, ndinomnqweno
wokwazana noPetros; ndahlala naye ke iiveki zambini.

19Akukho mthunywa wumbi ndambonayo ngaphandle kukaYakobi
umntakwabeNkosi.

20Ndithetha inyaniso; andixoki; uThixo uyazi!

21Emva kwexesha ndaya kwimimandla yaseSiriya naseKiliki.

22Ngelo xesha ke amabandla kaKrestu akwaJuda ayengekandiboni.

© 1996 Bible Society of South Africa.

23Babeseva nje ngembali, kusithiwa: “Laa mfo wayekade esitshutshisa, ngoku
ushumayela iindaba zokholo, ezi kanye wayezitshabalalisa.”

24Kambe ke babemdumisa uThixo ngenxa yam.

KumaGalati 2

UPawulos nabanye abathunywa

1Emva kweminyaka elishumi elinesine ndabuyela eJerusalem noBharnabha,
ndikhatshwa nguTito.

2Ndaya kuba ndityhilelwe nguThixo ukuba mandiye. Saba nentlanganiso
yabucala kunye neenkokheli, ndaza ndazichazela iindaba endizishumayela
ezintlangeni. Ndandingafuni ukuba umsebenzi esendiwenzile nalowo
ndandisawenza ube lilize.

3Nakuba wayengumGrike, uTito owayenam zange anyanzelwe ukuba aluke,

4nangona amadoda athile azenza amakholwa angenelela, aza afuna ukuba
makalùswe. Aba bantu bangena ngokunyebelezela, befuna ukuhlola le
nkululeko sinayo kubudlelane bethu noKrestu, befuna ukusenza amakhoboka.

5Kambe asizange sibaqhelisele nakancinane, khon' ukuze sinigcinele inyaniso
yeendaba ezimnandi ingenabala.

6Kodwa ke abo baziinkokheli ezaziwayo – nditsho kuba into abayiyo ayenzi
mahluko kum, kaloku uThixo yena akasebenzi ngembonakalo – ndithi ke ezo
nkokheli zange zifumane sikhwa kum.

7Ndaweni yaloo nto zayamkela into yokuba uThixo undiphathise uxanduva
lokushumayela iindaba ezimnandi ezintlangeni, kwanjengokuba noPetros
ephathiswe uxanduva lokushumayela iindaba ezimnandi kumaJuda.

8Kaloku amandla kaThixo andenza ndangumthunywa ezintlangeni, kanye
ngale ndlela uPetros wenziwa ngayo wangumthunywa kumaJuda.

9UYakobi noPetros noYohane ababesaziwa njengezona ntsika, bayivuma into
yokuba uThixo undibizele kulo msebenzi, ngoko ke basibamba isandla

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

sinoBharnabha. Savumelana ke ukuba sisebenzisane; thina sisebenze phakathi kweentlanga, bona ke phakathi kwamaJuda.

10Into abayiyalezayo kukuba sibakhumbule abo bahlelelekileyo phakathi kwabo, nto leyo ke endandisenza yona kakade.

UPawulos ukhalimela uPetros eAntiyokwe

11Xa wayeseAntiyokwe uPetros ndamgqogqa iindlebe, ndimxelela ngempazamo yakhe eyayidandalazile mpela.

12Wayedla ngokutya kunye namakholwa aziintlanga, ngaphambi kokuba kufike apho iqela lamadoda awayevela kuYakobi. Kodwa kuthe kwakuba kufike la madoda warhoxa uPetros, wazilumla ekutyeni namawethu aziintlanga, ngenxa yokoyika ukugxekwa ngâbo babesithi makwalukwe.

13Namanye amakholwa amaJuda abonakalisa kwaobo bubhetyebhetye bufana nobukaPetros, kangangokuba noBharnabha wawexuleka bobo bubhetyebhetye.

14Ndithe ke ndakukuphawula ukungabi nanyaniso kokuziphatha kwabo ngendlela engangqinelaniyo nenyaniso yeendaba ezimnandi, ndathi kuPetros phambi kwabo bonke: “Nakuba wena ungumJuda, ubusoloko uziphethe njengeentlanga kodwa; ungathini ke ngoku ukujika uzinyanzele iintlanga ukuba ziziphathe njengamaJuda?”

Lukholo olusindisa amaJuda kwakunye neentlanga

15Ewe kambe, singawo amaJuda emveli, asizizo iintlanga ezingaboni, ngabula nina.

16Kodwa siyazi ukuba umntu akenziwa abe lilungisa nguThixo ngenxa yokuba esenza okufunwa ngumthetho kaMosis; kuphela kungokuzinikela kuYesu Krestu. Ke nathi samvuma uKrestu uYesu ukuze uThixo asenze amalungisa ngenxa yokuzinikela kwethu kuye, ingekuba senza okufunwa ngumthetho. Kaloku akukho bani wenziwa ilungisa nguThixo ngenxa yokubambelela kwakhe emthethweni.

© 1996 Bible Society of South Africa.

17Ukuba ke thina sizamela ukwenziwa amalungisa nguThixo ngokumanywa
noKrestu, sisafumaneka sisenza isono, ngaba loo nto ithetha ukuthi uKrestu
uhambisana nesono? Nakanye!

18Ukuba ndiyaphinda ndiyivuse imikhwa endahlukanáyo nayo ndiyazicacisa
ukuba ndim isaphulamthetho.

19Kaloku ndafa kuwo umthetho – ndibulawa kwangawo amabango omthetho
– ukuze ndiphilele uThixo. Ndibethelelwe emnqamlezweni kunye noKrestu,

20ngoko ke ayisendim ophilayo, nguKrestu ophilayo kum. Ubomi ke
endibudlayo ngoku ndimanywe noNyana kaThixo, ndibudla ngokholo kulowo
wandithandayo, wabuncama obakhe ubomi ngenxa yam.

21Andifekethi ngesisa sikaThixo; kuba, ukuba umntu ebenokuba lilungisa
phambi koThixo ngenxa yokugcina umthetho, loo nto ibiya kuthetha ukuba
wafumana wafa uKrestu.

KumaGalati 3

Umthetho okanye ukholo?

1MaGalatindini, nitheni, aninangqondo? Nibulewe phi ninje nje nje? Nina aba
kanye nanisenzelwa inkcazelo ecacileyo ngokufa kukaYesu emnqamlezweni!

2Khanindiphe nje le ndawo: Ngaba uMoya kaThixo namamkela ngenxa
yokuba nenze okufunwa ngumthetho, okanye kwakungenxa yokuba naziva
nazamkela iindaba ezimnandi?

3Ningathini ukungabi nangqondo kangaka! Njengokuba naqala ngamandla
oMoya kaThixo nje, ngaba ngoku senifuna ukugqibezela ngawenu amandla?

4Ngaba izigigaba ezinjengezi naba nazo zafumana zabakho? Ngenene
azizange zifane zehle nje!

5Kanene, ngaba uThixo waninika uMoya waza wenza nemiqondiso phakathi
kwenu, ngenxa yokuba nina nanithobela umthetho? Okanye ezo zinto
wazenza ngenxa yokuba nina nazivayo nazamkela iindaba ezimnandi?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6Kunjengoko iziBhalo zitshoyo ngoAbraham ukuthi yena wakholwa kuThixo,
waza ke uThixo wamenza ilungisa ngenxa yokukholwa kwakhe.

7Nize niqaphele ke ukuba ngâbo bakholwayo abayinzala ka-Abraham
ngenene.

8IziBhalo zona kwangaphambili zakuphawula ukuba uThixo wozenza
amalungisa iintlanga ngokukholwa. Zazivakalisa iindaba ezimnandi
kuAbraham zisithi: “Ngawe uya kuzithamsanqelisa zonke iintlanga uThixo.”

9Wakholwa ke uAbraham, waza uThixo wamthamsanqelisa. Ngokunjalo ke
bonke abakholwayo banenxaxheba kwintsikelelo ka-Abraham.

10Kanti ke abo bakholose ngokuthobela umthetho baqalekisiwe. Kaloku
iziBhalo zithi: “Uqalekisiwe nguThixo lowo ungakuzondeleliyo ukuzithobela
zonke iindawo ezisencwadini yomthetho!”

11Kuyaqondakala ke ukuba akukho mntu ugwetyelwa nguThixo ngenxa
yomthetho; kuba zithi iziBhalo: “Uya kudla ubomi lowo wenziwe ilungisa
nguThixo ngenxa yokukholwa.”

12Kambe ke wona umthetho awuthethi nto ngokholo. Koko, njengoko
neziBhalo zisitsho: “Lowo uzalisekisa zonke iindawo zomthetho wophila
ngawo.”

13Kodwa ke uKrestu wasikhulula ekuqalekisweni okuza ngomthetho, ngokuthi
yena aqalekiswe endaweni yethu. Kaloku zithi iziBhalo: “Uqalekisiwe
nguThixo nabani na obulawa ngokuxhonywa emthini!”

14Yonke le nto yayijonge ekubeni intsikelelo eyathenjiswa uAbraham
nguThixo ize igqithiselwe kwiintlanga nguKrestu, khon' ukuze thina
simamkele ngokholo uMoya owathenjiswa nguThixo.

Umthetho kunye nesithembiso

15Mawethu, makhe ndininike umzekelo oqhelekileyo. Xa kukho umnqophiso
ogqityiweyo akukho bani unokuwujika okanye awongeze.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Ngoku ke uThixo wênza izithembiso kuAbraham nakumzukulwana wakhe. IziBhalo azitsho kuAbraham ukuthi “kwinzala yakho,” ngokungathi zithetha ngabantu abaninzi, kodwa zithi “kumzukulwana wakho,” zithetha ngomntu omnye qha, onguKrestu.

17Xa nditshoyo ke ndithi umnqophiso ogqitywe nguThixo awunakujikwa ngumthetho ofike emva kwamakhulu amane anamashumi amathathu eminyaka ukho umnqophiso, ungenako nokusitshitshisa isithembiso sikaThixo.

18Kaloku, ukuba ngaba ilifa lixhomekeke emthethweni, loo nto ithetha ukuba alizuzwa ngokwesithembiso, ibe ke kodwa uAbraham walinikwa nguThixo ngesithembiso.

19Yaye iyintoni ke injongo yomthetho? Wona wahlonyelelwa ukuze ucacise isigqitho, lo gama angekafiki umzukulwana ka-Abraham esasenzelwe yena isithembiso. Umthetho wanikelwa zizithunywa, kukho unozakuzaku.

20Kodwa ke unozakuzaku akafuneki nganto xa umntu emnye qha; kambe ke yena uThixo mnye.

Injongo yomthetho

21Ngaba ke le nto ithetha ukuba umthetho uchasene nezithembiso zikaThixo? Hayi khona, soze! Kaloku ukuba wawumiselwe umthetho onako ukubadlisa ubomi abantu, ngewawubenze bangamalungisa kuThixo.

22Kodwa ke iziBhalo ngokwazo zithi ihlabathi liphela lilawulwa sisono. Ngale ndlela ke isithembiso sifumaneka ngokholo kuYesu Krestu, futhi ke sizuzwa ngâbo bakholwayo bodwa.

23Ngokuya lwalungekafiki ukholo sasingamabanjwa omthetho, silindiswe ukutyhileka kokholo.

24Ngoko ke umthetho wawusigcine lo gama angekafiki uKrestu, ukuze sigwetyelwe ngokukholwa kuThixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

25Xa selifikile ke ixesha lokholo, akusekho mfuneko yakuba sigcinwe ngumthetho.

26Lukholo ke olunenze nangoonyana bakaThixo ngokumanywa noYesu Krestu.

27Nonke nina babhaptiziweyo nimanywe noKrestu; ngoko ke nambethe uKrestu.

28KuKrestu akusekho mJuda nantlanga, akusekho khoboka namntu ukhululekileyo, ndoda nabhinqa. Ninonke ningumntu omnye ngokumanywa noYesu Krestu.

29Ukuba ke ningabakaKrestu ningabazukulwana baka-Abraham. Ngoko ke niziindlalifa ngokwesithembiso.

KumaGalati 4

1Lo mcimbi makhe ndiwubeke ngolu hlobo: Unyana oyindlamafa uphathwa njengesicaka lo gama aselula, nakuba zonke izinto zizezakhe.

2Uyagcinwa alungiselelwe yonke imicimbi yakhe kude kufike ixesha elimiswe nguyise.

3Nathi ke ngokuya besingekakhuli besiphantsi kwezithethe zabantu.

4Kodwa ke lithe lakuzaliseka ixesha, uThixo wamthumela uNyana wakhe. Weza ngokuzalwa ngumntu obhinqileyo, wazalelwa phantsi komthetho kaMosis,

5ukuze ahlangule abo baphantsi komthetho, size thina sibe ngoonyana bakaThixo.

6Ukubonakalisa ukuba ningoonyana bakhe, uThixo unambese ngoMoya woNyana wakhe. Lowo ke ngulo Moya nidanduluka ngaye nithi: “Tata.”

7Ngoko ke anisezizo izicaka, koko ningoonyana. Ukuba ke ngoko ningoonyana bakhe, uThixo uya kunenza iindlamafa.

Ixhala likaPawulos ngamaGalati

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Mandulo, ngokuya naningamazi uThixo, nanibopheleleke kwizinto ezingenguye uThixo.

9Kodwa ngoku nimaziyo uThixo – gxebe, ngoku naziwayo nguThixo – kutheni ukuba niphindele kwezo zithethe zingento, ziphuthileyo? Ngani ukuba niphinde nizikhobokise ngazo?

10Ngoku senihlonipha iintsuku, neenyanga, namaxesha, neminyaka ethile!

11Ndisuka ndibe nexhala, hleze kuthi kanti ndifané ndabulaleka ngani.

12Ndiyanibongoza, mawethu, yibani njengam; kaloku nam ndikwanjengani. Zange nindone nganto.

13Niyazi ukuba ndandingenampilo ukuqala kwam ukushumayela iindaba ezimnandi apha kuni; kaloku ndandigula.

14Kodwa zange nindicekise okanye nindibukule, nangona ndandikwimeko enkenenkene kangako. Koko nandamkela ngendlela enaniya kusamkela ngayo isithunywa sikaThixo; nandamkela ngendlela enaniya kumamkela ngayo uYesu Krestu.

15Naninemincili kangaka nje! Konakele phi ngoku? Nam ngokwam ndiyangqina ndithi: Ukuba kwakunokwenzeka, ngenanikrolonqe nawenu amehlo nawanika mna.

16Ngaba kukuthetha kwam inyaniso oku kundenze ndalutshaba kuni?

17Aba bantu ndithetha ngabo bangathi banikhathalele, kanti ke iinjongo zabo azintle konke. Kuphela into abayifunayo kukunahlukanisa nam, khon' ukuze nibe ngamaphuth' ahlathi-nye nabo.

18Kuyinto entle ukuzixhamla komntu ngeenjongo ezilungileyo – ubunyaniso baloo nto buhlala buhleli nokuba andikho mna phakathi kwenu.

19Bantwana bam endibathandayo, ndiyaphinda ndiva intlungu kwakhona ngenxa yenu, kanye oku komfazi osikwa yinimba. Ndophumla sakwakheka isimilo sikaKrestu kuni.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[20]Andinqweni ngako ukunga ndingalapho kuni ngoku, khon' ukuze nive kwangelizwi eli lam ixhala endinalo; kaloku ndiyanoyikisela.

Umzekeliso ngoHagare noSara

[21]Mandikhe ndibuze kwabo bafuna ukuba phantsi komthetho kaMosis: Aniyiva na into ethethwa ngumthetho?

[22]Umthetho uthi uAbraham wayenoonyana ababini; omnye wayengunyana wesicakazana esilikhoboka, omnye engunyana womfazi wekhaya.

[23]Lo nyana wesicakazana yena wazalwa ngendlela azalwa ngayo wonke umntu, kodwa yena unyana womfazi wekhaya wazalwa ngenxa yesithembiso sikaThixo.

[24]Ngumfanekiso nje lo: aba bafazi babini bafuzisela iminqophiso emibini; omnye (uHagare ukutsho) uvela entabeni yeSinayi, obantwana bazalelwa ebukhobokeni.

[25]UHagare ufuzisela intaba yeSinayi kwelama-Arabhu, ekwafanekisa le dolophu yaseJerusalem ikhoyo ngoku, esebukhobokeni nabemi bayo bonke.

[26]Eyasezulwini yona iJerusalem ezayo ikhululekile, yaye ingumama wethu.

[27]Kuba iziBhalo zithi: “Vuya, wena ludlolwazana! Memelela ngemincili, wena ungazange wayiva inimba! Kuba umfazi owalahlwa yindoda woba nabantwana abaninzi kunalowo uhlala nendoda yakhe.”

[28]Nina ke ngoku, mawethu, ningabantwana bakaThixo ngenxa yesithembiso, kanye njengokuba noIsake wayengumntwana wesithembiso.

[29]Ngelo xesha unyana owazalwa ngendlela eqhelekileyo wamtshutshisa unyana owazalwa ngamandla oMoya kaThixo; kusenjalo ke nangoku.

[30]Kodwa ke zithini iziBhalo? Zithi: “Sikhuphele ngaphandle isicakazana esilikhoboka kunye nonyana waso; kaloku unyana wesicakazana makangalidli ilifa nonyana womfazi wekhaya.”

[31]Ke thina, mawethu, asingobantwana besicakazana esilikhoboka, singabomfazi wekhaya, oko kukuthi singabakhululekileyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

KumaGalati 5

Yilondolozeni inkululeko yenu

1UKrestu wasikhulula ukuze sibe ngabantu abakhululekileyo mpela! Ngoko
ke yimani ngxishi ningahexi, ningavumi ukuphindela kwidyokhwe
yobukhoboka.

2Phulaphulani! Mna Pawulos ndithi kuni: Ukuba nithi ulwaluko luyimfuneko,
loo nto ithetha ukuba uKrestu akaloncedo kuni mpela.

3Ndiyaphinda ndilumkisa wonke umntu ovuma ukwaluka ukuba
uyanyanzeleka ukuba awuthobele wonke umthetho.

4Ukuba nifuna ukwamkeleka kuThixo ngokuthobela umthetho,
nizahlukanisile noKrestu; ningaphandle kwesisa sikaThixo.

5Thina ke ngamandla oMoya asebenza ngokholo sinethemba, saye silindele
ukulungiswa nguThixo.

6Kuba xa simanyene noKrestu, ukwaluka nokungaluki akubalulekanga, into
ebalulekileyo lukholo olucaciswa luthando.

7Naniqhuba kakuhle kangaka nje! Ngubani ke ngoku oniyekisileyo
ukuyithobela inyaniso? Uniqhathe kanjani?

8Loo nto ayenziwanga nguThixo lo unibizayo.

9Kaloku bathi: “Igwele elincinci liyinyusa yonke intlama.”

10Ukumanyana kwethu eNkosini kundenza ndinithembe ukuba aniyi
kuhamba naluvo lulolunye. Naye loo mntu uniqunga-qungayo, nokuba
ungubani na, uya kohlwaywa nguThixo.

11Mna ke, mawethu, ngaba ndisatshutshiselwa ntoni ukuba ndisashumayela
ukuba ulwaluko luyimfuneko? Ukuba ibiyinyaniso loo nto, ukushumayela
kwam umnqamlezo ngekungesiso isikhubekiso.

12Akwaba abo baniqunga-qungayo bebeya kusele beyihamba yonke loo
ndlela, bazisike ngokwabo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

13Nina, mawethu, nibizelwe enkululekweni. Kodwa ke inkululeko yenu mayingabi lokroba lokuba nilawulwe sisimo esidala. Ndaweni yaloo nto khonzanani niqhutywa luthando.

14Kaloku umthetho xa uwonke ushwankathelwa ngomyalelo omnye othi: “Mthande ummelwane wakho kanye ngale ndlela uzithanda ngayo nawe.”

15Kodwa ke ukuba niyalwa niqwengane, lumkani hleze nitshabalalisane kuphele.

UMoya kaThixo nesimo somntu

16Nantsi ke into endithetha yona kuni: Ukuba nikhokelwa nguMoya kaThixo, aniyi kuzenza izinto ezinqwenelwa sisimo esidala.

17Kaloku ezo zinto zinxamnye nezifunwa nguMoya, ukanti nezifunwa nguMoya zinxamnye nezinqwenelwa sisimo esidala. Zizombini zichasene ngohlobo lokuba ningabi nako ukuzenza izinto enisukuba nifuna ukuzenza.

18Kodwa ke ukuba nikhokelwa nguMoya, anikho phantsi komthetho.

19Ke zona izinto ezibangwa sisimo esidala zicace mhlophe; nazi: ukurheletya, ukungcola, nobuhenyu;

20unqulo-zithixo, nobugqwirha; ubutshaba, imbambano, ubukhwele, iphuku, ukubawa, amayelenqe, nezahlukano;

21umona, ubunxila, nokuthanda iziyolo, njalo-njalo. Nangoku ke ndiyanilumkisa, njengoko besenditshilo ngaphambili, ukuba abo benza izinto ezinjengezi, soze babuxhamle ubuncwane bokulawulwa nguThixo.

22Nazi ke zona iziqhamo zoMoya: luthando, novuyo, noxolo; umonde, ububele, ukulunga, nentembeko;

23ubulali, nokuzeyisa. Awukho ke umthetho ochasa izinto ezinjengezi.

24Abo ke bamanywe noKrestu uYesu basibhangisile isimo esidala kunye neminqweno neenkanuko zaso.

25Ukuba ke sidla ubomi ngoMoya kaThixo, masilawulwe nguye ke.

© 1996 Bible Society of South Africa.

26Masingazigwagwisi, sicaphukisana, simonelana.

KumaGalati 6

Thwalisanani ubunzima

1Mawethu, ukuba kukho mntu nimbhaqe esona, nina balawulwa nguMoya mfakeni endleleni; kodwa loo nto niyenze ngobulali, nizilumkele nina ziqu, hleze nani nilingeke.

2Thwalisanani ubunzima; xa nenjenjalo ke nithobela umyalelo kaKrestu.

3Ukuba umntu uzicingela ukuba ubhetele, abe engento kodwa, uzikhohlisa nje ngokwakhe lowo.

4Umntu ngamnye makazivavanye ngokwakhe isimilo sakhe; andule ke azikhangele umngangatho akuwo ngokuzithelekisa yena siqu, nendawo afanele ukuba kuyo. Makangazilinganisi nomnye umntu.

5Kaloku wonke umntu unomthwalo wakhe ekufuneka awuthwale yedwa.

6Nawuphi na umntu ophantsi kwengqeqesho yelizwi likaThixo, umelwe kukwabelana nalowo umfundisayo ngeento zonke ezilungileyo anazo.

7Ningazikhohlisi! UThixo akanakwenziwa isidenge ngumntu. Umntu uya kuvuna kanye loo nto ayihlwayeleyo.

8Ukuba uhlwayela imbewu yesimo esidala, uya kuvuna ilahleko esa ekufeni; ukuba uhlwayela imbewu yesimo esitsha phantsi koMoya kaThixo, uya kuvuna indyebo esa kobona bomi bungenasiphelo.

9Masingadinwa ke kukwenza okulungileyo. Kuba xa sizingisa, lode lifike ixesha lokuvuna.

10Ngoko ke masisebenzele ukulungelwa komntu wonke, ngalo lonke ixesha esinethuba ngalo, ngokukodwa usapho lwamakholwa.

Isilumkiso sokugqibela nombuliso

11Niyawabona la magama makhulu? Kubhala mna ngoku, ngesandla sam.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Ngabo baqhayisa ngezinto zembonakalo yangaphandle, abo baninyanzela ngokwaluka. Into abayifunayo kuphela kukuzama ukuphepha ukutshutshiswa ngenxa yomnqamlezo kaYesu Krestu.

13Kuba nkqu nabo balukayo abawuthobeli ncam umthetho; bafuna nje ukuba naluke ukuze baqhayise ngento yokuba nilenzile isiko – eliyinto nje yangaphandle!

14Kodwa mna, mandingaqhayisi nganto ingenguwo umnqamlezo weNkosi yethu uYesu Krestu; kuba ngalo mnqamlezo ihlabathi lifile kum, nam ndifile kulo.

15Nokuba umntu walukile, nokuba akalukanga, akunamsebenzi. Into ebalulekileyo kukuba yindalo entsha.

16Nabani na ohamba ngalo mgaqo ndimnqwenelela uxolo nenceba, kunye nalo lonke usapho lukaThixo – nguSirayeli omtsha ke lowo.

17Ndiphetha ngelithi: Mandingaphindi ndikhathazwe mntu, kuba iziva ezisemzimbeni wam zixela ukuba ndisisicaka sikaKrestu.

18Ubabalo lweNkosi yethu uYesu Krestu malube nani nonke, mawethu. Amen.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Kwabase-Efese

Kwabase-Efese 1

Isingeniso

1Mna Pawulos, umthunywa kaKrestu Yesu ngokuthanda kukaThixo,
ndibhalela abantu bakaThixo [abahlala e-Efese,] abakholwayo kuYesu Krestu.

2Ndithi: Wanga uThixo uBawo wethu, neNkosi uYesu Krestu, anganenzela
isisa, aniphe uxolo.

Iintsikelelo zabamanywe noKrestu

3Makabongwe uThixo, uYise weNkosi yethu uYesu Krestu osibabale ngazo
zonke izipho zoMoya zasezulwini, sakuba simanywe noKrestu.

4UThixo wasinyula ngoKrestu kwangaphambi kokusekwa kwehlabathi, ukuze
sibe ngabantu bakhe abangenasiphako ngenxa yothando.

5UThixo akuba ethandile wagqiba kwangaphambili ukuba asenze oonyana
bakhe ncakasana ngoYesu Krestu.

6Ngoko ke masimdumise uThixo ngenxa yesisa sakhe esisodwa asenzele sona
ngoNyana wakhe oyintanda!

7Sikhululwe sazixolelwa izono zethu ngegazi likaKrestu. Siyaphuphuma kuthi
isisa

8asenzele sona uThixo ngokusazelelela.

9Kaloku kwakholeka kuThixo ukusityhilela icebo lakhe athande ukulifezekisa
ngoKrestu.

10Eli cebo lithwasisa ukufezekiswa kwamaxesha ngenjongo yokubandakanya
kuKrestu zonke izinto, ezisezulwini nezisemhlabeni.

11Ngenene sifumene isabelo selifa lethu ngokumanywa noKrestu. UThixo
owenza zonke izinto ngokwezigqibo necebo lakhe wasinyulela elo lifa
kwantlandlolo.

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Kuba kaloku yintando yakhe ukuba kuthi ngenxa yethu, thina sathembela
kuKrestu kuqala, kuvakaliswe indumiso yesidima sakhe.

13Nani ke, nimanywe noKrestu nje, nizivile iindaba ezimnandi, ezichaza
ngenyaniso yosindiso, nazamkela. Ke ngoko uThixo waniphawula ngoMoya
oyiNgcwele owathenjiswayo.

14Lo Moya ke usisiqinisekiso selifa lethu esiya kulifumana lakufika ixesha
lenkululeko yemilowo yakhe, ukuze kubongwe kudunyiswe isidima
nesithozela sikaThixo!

Umthandazo kaPawulos

15Ngenxa yezi zinto ke, ndakuba ndivile ngokholo eninalo kuYesu iNkosi
yethu, nangendlela eniluthanda ngayo lonke usapho lukaThixo,

16andiphezi ukumbulela uThixo ngenxa yenu, xa ndinikhumbulayo
emthandazweni.

17Ndiyamcela uThixo weNkosi yethu uYesu Krestu, uSosidima, ukuba aniphe
uMoya wobulumko, anityhilele uThixo, ukuze nimazi.

18Ndiyamcela ukuba anikhanyisele nibe nokuqonda, khon' ukuze nilazi
ithemba anibizele kulo, niziqonde iintsikelelo ezingaka ezililifa lemilowo
yakhe,

19nikuve ukongama kwawo amandla akhe ngakuthi, thina bathembele kuye.
La mandla ikwangalawa

20wavusa ngawo uKrestu ekufeni, waza wamthwesa ubukhosi ezulwini.

21Ngenxa yobo bukhosi wongamele lonke ulawulo, negunya, nawo onke
amandla nobukhosi. Ubukhosi bakhe bungaphezu kwawo onke amawonga
obungangamsha nawo onke amagama anokukhankanywa kweli lizwe
nakwelizayo.

22Izinto zonke uThixo uzibeke phantsi kolawulo lukaKrestu, waza wammisela
wayintloko yezinto zonke ebandleni.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

23Ibandla ke lingumzimba kaKrestu, liphuphuma bubukho bakhe lowo uphuphuma ubukho bukaThixo.

Kwabase-Efese 2

Siphume ekufeni sangena ebomini

1Benifudula nifile emoyeni ngenxa yeemposiso nokona,

2ngokuya naniziphethe ngendlela yeli hlabathi. Naniphantsi komtyholi, umphathi wamagunya asesibhakabhakeni noweempembelelo ezilawula abo bangamthobeliyo uThixo.

3Eneneni besinjalo sonke; besifudula silawulwa ziinkanuko zesimo sethu esidala, silandela nayiphi na iminqweno neengcinga zethu. Njengamntu wonke ke okuloo meko besiphantsi kwengqumbo kaThixo.

4Kodwa ke uThixo onceba inkulu, ngenxa yendlela asithanda ngayo,

5usidlise ubomi kunye noKrestu, naxa besinjengabafileyo nje ngenxa yezono zethu. Kambe ke nakhululwa ngenxa yesisa sikaThixo.

6Njengoko simanyene noKrestu Yesu nje, uThixo usivuse ekufeni, saza saya kutsho ezulwini kunye noYesu.

7Wênjenjalo ukuze ngamaxesha onke ahlale esibonisa ubukhulu besisa nobubele bakhe, thina bamanywe noYesu Krestu.

8Ke kaloku nakhululwa ngesisa sikaThixo ngokholo; anikhululwanga ngemizamo yenu. Ewe, kungenxa yesisa sikaThixo.

9Ngoko ke akukho nto ubani angaziqhayisa ngayo, kungekho migudu yakhe nje.

10Singumsebenzi wezandla zikaThixo ke thina. Kaloku simanywe noYesu Krestu nje, uThixo wasidalela ukuba sizinikele ekwenzeni imisebenzi emihle awasimisela yona kwangaphambili.

Sibanye kuKrestu

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Kaloku yikhumbuleni imeko yenu yangaphambili ngelaa xesha naningabahedeni. Kwakusithiwa ningabangalukanga ngabo bolwaluko (lwaluko olo lulisiko nje langaphandle).

12Kaloku ngelo xesha nanikude kuKrestu. Naningenabudlelane nemilowo yakwaSirayeli. Naningaphandle kweminqophiso nezithembiso zikaThixo. Naningenathemba, ningenaThixo kweli hlabathi.

13Kodwa ngoku, ngokumanywa noKrestu, nina kanye enanikade nikude lee, nisondeziwe ngokuphalala kwegazi likaKrestu.

14Kuba kaloku nguye umxolelanisi. Iintlanga namaJuda uzenze zasisizwe esinye. Yena buqu waludiliza udonga lobutshaba obelusahlule.

15Kaloku uwubhangisile umthetho nemiyalelo kwanemimiselo yawo, ukuze ngezi zizwe zibini adale isizwe esitsha esimanywe naye ngokwakhe. Ngaloo ndlela ke udale uxolo.

16Ewe, ngomnqamlezo wakhe uKrestu ububhangisile ubutshaba, waza ezi zizwe zibini wazixolelanisa zayimbumba yamanyama kuThixo.

17Ngoko ke weza washumayela iindaba ezimnandi zoxolo, kuni nina babekade bekude, nakwabo bebekufutshane kakade.

18Kaloku sonke, amaJuda kwaneentlanga, singena ngoKrestu, siye kufikelela kuBawo ngenkqu, sikuMoya omnye.

19Ngoko ke, nani zintlanga, anisengabo abasemzini neendwendwe. Niyimilowo nabantu bakaThixo; nilusapho lukaThixo.

20Nani ke nakhelwe phezu kwesiseko sabathunywa nabashumayeli, kodwa ke elona litye lesiseko nguYesu Krestu ngokwakhe.

21Ungoyena usixhasayo isakhiwo xa sisonke, ukuze sikhule sibe yindlu engcwele yeNkosi.

22Ngokumanywa naye ke nani niyakhiwa nikunye nabanye, ukuze nibe sisakhiwo ahlala kuso uThixo ngoMoya.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Kwabase-Efese 3

Ukusebenza kukaPawulos phakathi kweentlanga

1Kungesi sizathu ke, mna Pawulos ongumbanjwa kaYesu Krestu ngenxa yenu
zintlanga, ndimthandaza nje uThixo.

2Kambe ndiyacinga ukuba nivile ukuba uThixo undimisele ndaba ligosa
lobabalo lwakhe ngenxa yenu.

3UThixo wandityhilela icebo lakhe ebelingaziwa mntu, njengoko sendichazile
ngokufutshane.

4Xa nithe nayifunda ke, noba nako ukuyilandela indlela endiluqonda ngayo
udaba olungoKrestu.

5Kwizizukulwana ezingaphambili abantu abazange balwaziswe olu daba.
Kodwa ngoku uThixo ulutyhilile ngaye uMoya oyiNgcwele, kubo abathunywa
nabashumayeli bakhe.

6Olu daba ke lolokuba iintlanga ziziindlamafa ndawonye namaJuda,
zibandakanywe nawo. Bonke bayimbumba yamanyama. Nazo ziyabuxhamla
ubuncwane bezithembiso zikaThixo ezenziwa kuYesu Krestu.

7Zinjalo ke iindaba ezimnandi endingumququzeleli wazo ngenxa yesisa
uThixo andenzele sona ngokusebenza kwamandla akhe.

8Mna ndingoyena mncinane kubantu bakaThixo. Kodwa uThixo undinike
ilungelo lokuba ndishumayele iindaba ezimnandi ezintlangeni, ndithethe
ngobubele obungaphicothekiyo bukaKrestu,

9ndiqondise bonke abantu indlela esebenza ngayo imfihlelo yecebo likaThixo.
UThixo onguMdali wezinto zonke walifihla eli cebo kuwo onke amaphakade
adluleyo,

10ukuze ngoku, ngalo ibandla, ubulumko bukaThixo obuntlobo-ntlobo
buvakaliswe kuzo izilawuli nabasemagunyeni kweliphezulu.

11Le nto uThixo wayenza ngokwenjongo yakhe engunaphakade awayimisa
ngoYesu Krestu iNkosi yethu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

12Ngokumanywa naye ke singena siyokutsho kuThixo ngenkqu sikhululekile,
sinesibindi ngenxa yokukholwa kuye.

13Ndiyanibongoza ke ukuba ningadakumbi kukuba ndixhwalekile ngenxa
yenu; le meko iludumo lwenu.

Uthando lukaKrestu

14Ngenxa yale nto ke, ndizikhahlela phantsi phambi koBawo,

15uYise walo lonke usapho olusezulwini nasemhlabeni.

16Ndiyambongoza ukuba ngobubele bakhe uSosidima anomeleze imo yenu
entsha ngoMoya wakhe,

17khon' ukuze ngokholo uKrestu ahlale ngaphakathi kuni. Nanga
ningasekelwa eluthandweni nendele.

18Nanga nina nosapho lukaThixo xa lulonke, ningalunakana ukuba
lungakanani na ububanzi balo, lungakanani na ubude balo, kukwangakanani
na ukuphakama kwalo nokuba nzulu kwalo uthando lukaKrestu,

19nilwazi nakuba lungenakwaziwa nje. Ewe, niye niphuphuma bubukho
bukaThixo obugqibeleleyo.

20Ngoku ke, kulowo unako ukwenza ngaphezu kokuba sicela nokuba siqiqa,
ngamandla akhe asebenza ngaphakathi kuthi:

21Makubekho udumo kuThixo ebandleni, nakuKrestu Yesu, kuse kuzo zonke
izizukulwana ngonaphakade kanaphakade. Amen.

Kwabase-Efese 4

Umzimba: imbumba yamanyama

1Ngoko ke mna endingumbanjwa ngenxa yokuba ndisisicaka seNkosi,
ndiyanibongoza: ziphatheni ngohlobo olungawuthobiyo umgangatho
wendima enamiselwa yona nguThixo mhla wanibiza;

2nihlale nithobekile ngawo onke amaxesha, ninobulali nomonde,
ninyamezelana ngothando.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Zamelani ukuhlala ngoxolo niyilaa mbumba yamanyama wanenza nayiyo uMoya oyiNgcwele.

4Mnye umzimba kaloku, ukwamnye uMoya, kwanjengokuba lilinye nethemba enabizelwa kulo nguThixo.

5INkosi inye, nokholo lunye, nobhaptizo lukwalunye.

6Kanti ukwamnye noThixo onguYise woluntu luphela, olawula izinto zonke, esebenza ngezinto zonke, ekwakho kwiinto zonke.

7Umntu ngamnye wabelwe isiphiwo esisodwa ngangobubele bukaKrestu.

8Yiyo ke le nto iziBhalo zithi: “Unyukele ezulwini eqhuba abathinjwa, waza wabela abantu izipho.”

9Kuthetha ukuthini ke ukuthi unyukile? Kuthetha ukuthi wehla kuqala waya emathunjini omhlaba.

10Lowo ke wehlayo usekwangulo kanye wenyukela ngaphaya kwamazulu, khon' ukuze izinto zonke azizalise ngobukho bakhe.

11Nguye ke lo wababelayo izipho ezizezi abantu: Wabamisela bangabathunywa abanye, abanye bangabashumayeli, bangabavakalisi beendaba ezimnandi abanye, abanye bangabelusi nabefundisi.

12Wabanika ezi zipho zokulungiselela lonke usapho lukaThixo emsebenzini walo, ukuze kwakheke ibandla elingumzimba kaKrestu.

13Ekugqibeleni ke sonke siya kuba yiloo mbumba yamanyama iqulethwe lukholo lwethu, kwakunye nokwazi kwethu uNyana kaThixo; sibe ngabantu abakhule bagqibelela, silingane noKrestu ogqibeleleyo.

14Ngoku ke asisengobantwana abafane bakhukuliseke ngamaza, baphephetheke nayiyiphi na imimoya yeemfundiso zabakhohlisi abalahlekisa abantu ngobuqhetseba.

15Ndaweni yaloo nto inyaniso masiyithethe siqhutywa luthando, khon' ukuze siye simfuza uYesu ngokupheleleyo. Kaloku nguye intloko.

© 1996 Bible Society of South Africa.

16Umzimba wonke uxhomekeke kuye; ilungu ngalinye limanywe namanye kuye. Ngoko ke le mbumba yamanyama ikhuliswa ngumsebenzi welungu ngalinye, izakhe ngothando.

Ubomi obutsha kuKrestu

17Ngoko ke ndiyanibongoza ndinilumkisa egameni leNkosi. Yahlukanani nokuziphatha ngokwabahedeni abangqiqo ziphuthileyo,

18abangqondo zimfiliba. Abananxaxheba kubomi bukaThixo, kuba basemnyameni ombonde-mbonde, baqaqadekile.

19Baphelelwe ziintloni, bazilahlele emanyaleni nasekungcoleni, bangooncanyelweni.

20Kodwa ke nina animfundanga ngolo hlobo uKrestu.

21Kambe senivile ngaye, ibe ke njengamaKrestu niyifundisiwe inyaniso kaKrestu.

22Ngoko ke silahleni isimo senu esidala. Besinilahlekisa ngeenkanuko ezingendawo ezinirhuqela ekufeni.

23Iintliziyo zenu mazihlaziyeke ngokupheleleyo.

24Thathani isimo esitsha esidalwe safuza uThixo, esizibonakalisa ngobomi obumsulwa, obungcwele, obunyanisekileyo.

25Ngoko ke musani ukuba saxoka! Elowo makathethe inyaniso nowabo, kuba xa sisonke singamalungu omzimba kaKrestu.

26Xa nicaphukile, umsindo mawunganiqweqwediseli esonweni; futhi malingade litshone ilanga ninomsindo.

27Umtyholi musani ukumvulela indawo ebomini benu.

28Umntu obekade elisela makahlukane nokuba. Ndaweni yaloo nto makasebenze enyanisekile, azixhase, abe nako nokunceda abahlelelekileyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

29Intetho ekrwada mayingaphumi emilonyeni yenu. Ukuthetha kwenu makuthambe, kube kokwakhayo, ukuze kube luncedo nentsikelelo kwabaphulaphuleyo.

30Musani ukumdakumbisa uMoya oyiNgcwele kaThixo, kuba uniphawulele umhla wokugqibela wenkululeko.

31Yahlukanani nayo yonke inzondo, iphuku, nomsindo; ukuthukisa, nokunyelisa nalo lonke ulunya.

32Ndaweni yaloo nto yenzelanani ububele ninobulali, nixolelane, kwanjengokuba naye uThixo wanixolelayo ngoKrestu.

Kwabase-Efese 5

Hlalani ekukhanyeni

1Njengoko ke ningabantwana bakaThixo abaziintanda, fuzani yena.

2Hlalani nithandana kanye ngale ndlela wanithanda ngayo uKrestu. Yena wazincama ngenxa yenu, wazenza umnikelo nedini elivumba limnandi kuThixo.

3Nanjengoko nilusapho lukaThixo, makungakhankanywa phakathi kwenu ukurheletya nako konke ukungcola nokunyoluka.

4Izinto ezinjengokuthetha krwada, nokulavuza, neentetho ezingcolileyo, azinto zinifaneleyo konke. Nifanelwe kukuhlala nibulela uThixo nina endaweni yezi zinto.

5Yiqondeni kakuhle into yokuba akukho mntu urheletyayo, nongcolileyo, nosisinyolunyolu, uya kubuxhamla ubuncwane bokulawulwa nguKrestu nanguThixo. Kaloku ukunyoluka yenye indlela yokunqula izithixo.

6Ningavumeli bani anikhohlise ngentetho ephuthileyo. Zizinto ezinjalo kanye eziza nengqumbo kaThixo kwabo bangamthobeliyo.

7Nina ke ningazibandakanyi nabantu abanjalo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Nani benifudula nihleli ebumnyameni. Nithe ke nakuba ngamaKrestu,
nasekukhanyeni. Ngoko ke ziphatheni ngokwabantu abaqheleneyo
nokukhanya.

9Kaloku apho kukhoyo ukukhanya, kulapho kuntshula khona konke
ukulunga, nabo bonke ubulungisa, nenyaniso.

10Zamani ukukuqonda ukuthanda kweNkosi;

11ningazibandakanyi nezinto zobumnyama eziphuthileyo ezenziwa ngabantu.
Ndaweni yaloo nto zibhenceni ekukhanyeni ezo zinto, zibonakale icace into
eziyiyo.

12Kungaziintloni nokuwathetha amanyundululu abawenza ngasese.

13Kodwa ke xa zisekukhanyeni zonke izinto, ziyacaca into eziyiyo;

14kuba kaloku yonke into ecacileyo isekukhanyeni. Yiyo le nto kuthiwa:
“Phaphama, thongorhandini, uvuke ekufeni; uKrestu wokukhanyisela.”

15Ngoko ke yigqaleni indlela eniziphatha ngayo. Yibani ngabantu
abanengqondo; musani ukuba ziziyatha.

16Eli thuba ninalo lisebenziseni kakuhle, kuba akho amaxesha amabi.

17Musani ukuba zizidenge ke; nina zamani ukuqonda ukuthanda kweNkosi.

18Musani ukunxila butywala obunonakalisayo. Ndaweni yaloo nto
phuphumani nguMoya oyiNgcwele,

19nincokola ngeendumiso namaculo, neengoma, nivuma iingoma niyidumisa
iNkosi ngentliziyo.

20Bulelani uThixo uBawo wethu imihla ngemihla ngenxa yeento zonke,
ngegama leNkosi yethu uYesu Krestu.

Amakhosikazi nabayeni bawo

21Thobelanani, niqhutywa kukuba noKrestu nimthobela.

22Nina makhosikazi, bathobeleni ngokuzinikela abayeni benu, kanye ngale
ndlela niyithobela ngayo iNkosi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

23Kaloku indoda iyintloko yomfazi, kanye njengokuba noKrestu eyintloko yebandla. Ke yena uKrestu ukwanguMhlanguli walo ibandla elingumzimba wakhe.

24Ngoko ke abafazi mabawathobele ngokupheleleyo amadoda abo, kanye ngale ndlela ibandla lizinikele ngayo ekuthobeleni uKrestu.

25Nina madoda, bathandeni abafazi benu, kanye ngale ndlela alithande ngayo uKrestu ibandla, waza wanikela ngobomi bakhe ngenxa yalo.

26Le nto uyenze ukuze libe libango lakhe ibandla. Ulicocile walihlamba ngamanzi ngamandla elizwi lakhe,

27khon' ukuze azithathele lona liyinzwakazi, linyulu, lingenasici, lingenabala nakushwabana nasinye isiphako.

28Ngoko ke amadoda afanele ukuba nebhongo lokubathanda abafazi bawo, kanye ngale ndlela azithanda ngayo iziqu zawo. Indoda emthandayo umfazi wayo iyazithanda.

29(Akakho umntu ongazithandiyo, endaweni yaloo nto uyazondla azixhase, kanye njengokuba noKrestu elilungiselela ibandla.

30Kaloku singamalungu omzimba wakhe.)

31Kunjengoko neziBhalo zisitsho ukuthi: “Ngoko ke indoda iya kumshiya uyise nonina, imanywe nomfazi wayo, baze abo babini badibane babe banye.”

32La mazwi atyhila inyaniso enzulu; ke mna ndithi isingisele kuKrestu nebandla.

33Kambe ke ikwasingisele nakuni. Ngoko ke yonke indoda mayimthande umfazi wayo, kanye ngale ndlela izithanda ngayo nayo. Ngokukwanjalo ke wonke umfazi makayihlonele indoda yakhe.

Kwabase-Efese 6

Abantwana nabazali

© 1996 Bible Society of South Africa.

1Bantwana, bathobeleni abazali benu nimanywe neNkosi nje, kuba kulunge
kanye ukwenjenjalo.

2“Beka uyihlo nonyoko.” Lo ngumyalelo wokuqala onesithembiso esithi:

3“Uya kuba namathamsanqa, nemihla yakho yolulwe emhlabeni.”

4Nina ke, bazali, abantwana musani ukubaphatha gadalala, bade babe
nenzondo, koko banikeni ingqeqesho nemiyalo yobuKrestu.

Izicaka nabaphathi

5Nina zicaka, bathobeleni abaphathi benu balapha emhlabeni, ninentlonipho,
niqhutywa kukunyaniseka, ngokungathi nikhonza uKrestu ngenkqu.

6Ningatshakazi nenze izinto ngenjongo yokuzithandekisa ebantwini, koko
yenzani ukuthanda kukaThixo ngomxhelo wenu wonke, njengezicaka
zikaKrestu.

7Umsebenzi wenu wenzeni ngemincili, ngokungathi niwenzela iNkosi,
aniwenzeli mntu.

8Ze nikhumbule ukuba umntu ngamnye uya kuvuzwa yiNkosi ngomsebenzi
omhle, nokuba loo mntu sisicaka nokuba akasiso.

9Nani baphathi yenzani kwangokunjalo ngokubhekiselele kwizicaka zenu.
Yekani ukusoloko nizigrogrisa. Khumbulani ukuba nina kwakunye nezicaka
zenu ningabeNkosi enye esezulwini, egweba wonke umntu ingenamkhethe.

UmKrestu edabini

10Elokuphetha ndithi njengokuba nimanywe neNkosi nje, yomelelani
nincedwa ngamandla ayo.

11Nxibani sonke isikrweqe eninokusifumana kuThixo, ukuze nibe nako
ukumelana nabo bonke ubuqhokolo bukaSathana.

12Kuba kweli dabi lethu asilwi nabantu, kodwa silwa nemimoya
ekhohlakeleyo esesibhakabhakeni, izilawuli, nabasemagunyeni, kunye
nemimoya engcolileyo yeli phakade lobumnyama.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Ngoko ke xhobani ngezikrweqe zikaThixo, ukuze nibe nako ukuxhathisa xa kunyembelekile, nize nifeze konke nimile ngxishi.

14Ngoko ke hlalani niqulile. Bhinqani ngenyaniso; ninxibe ubulungisa ukukhusela isifuba.

15Ezinyaweni nxibani inkuthalo yokuhlala nichophele ukuvakalisa iindaba ezimnandi zoxolo.

16Ngamaxesha onke ukukholwa makube likhaka lenu; ngokholo noba nako ukuzicima zonke iintolo ezivuthayo zikaSathana.

17Entloko thwalani usindiso. Phathani ilizwi likaThixo libe likrele enilinikwa nguMoya.

18Zinikeleni ngokupheleleyo ekuthandazeni. Thandazani maxa onke niqhutywa nguMoya. Ngesi sizathu ke hlalani nithe qwa, ningancami, nisoloko nibathandazela abantu bakaThixo.

19Nam ndithandazeleni, ukuze uThixo andiphe udaba xa ndithethayo, ndibe nesibindi sokuyivakalisa injongo yakhe eyayifihlakele, ndixela iindaba ezimnandi.

20Mna ndingunozakuzaku obanjiweyo ngenxa yazo. Ndithandazeleni ukuze ndithethe ngesibindi, njengoko kufuneka ndenjenjalo kakade.

Imibuliso yokwahlukana

21Njengoko kuyimfanelo ukuba nive ngemeko nempilo yam, uTikiko uya kunazisa ngazo zonke ezo ndaba. Yena nguwethu othandekayo, isicaka esithembekileyo emsebenzini weNkosi.

22Yiyo ke le nto ndimthuma kuni: ndenzele ukuba anazise ngayo yonke imeko yam, anivuselele.

23Wanga uThixo uYise neNkosi uYesu Krestu angawapha uxolo nothando nokholo onke amawethu.

24Lwanga ubabalo lukaThixo lungahlala kubo bonke abayithanda ngothando olungatshitshiyo iNkosi uYesu Krestu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

KwabaseFilipi

KwabaseFilipi 1

Isingeniso

1Kubhala mna Pawulos kunye noTimoti, izicaka zikaKrestu. Sibhalela usapho
lukaThixo olumanywe noKrestu, lungabemi eFilipi, ndawonye nabakhokeli
bebandla kunye nabancedisi.

2Sithi: Wanga uThixo uBawo wethu neNkosi uYesu Krestu anganenzela isisa,
aniphe uxolo.

Umbulelo novuyo lukaPawulos

3Ndisoloko ndimbulela qho uThixo wam xa ndinicinga.

4Naxa ndinikhumbulayo emthandazweni, ndinithandazela nonke ngovuyo,

5ngenxa yendlela enasebenzisana ngayo nam kwamhla-mnene kumsebenzi
wam wokuhambisa iindaba ezimnandi, kude kube ngoku.

6Yaye ndiqinisekile ngale ndawo yokuba lo msebenzi mhle awuqalileyo
uThixo kuni, uya kude awuqabelise ngeMini kaKrestu uYesu.

7Nina kum nihlala nisenyongweni; yiyo ke le nto ndinyanzelekile ukuba
ndinithathe ngolu hlobo. Kaloku nani niyixhamle inyhweba endiyinikwe
nguThixo, ngoku kanye ndisentolongweni, naxa iindaba ezingoKrestu
ndizilwelayo ndizimela kananjalo.

8UThixo uyazi ukuba ndinyanisile xa ndithi ndinilangazelela kanye ngale
ndlela uKrestu anilangazelela ngayo.

9Umthandazo wam kukuba ze niye nikhula ngokukhula eluthandweni
naselwazini oluphangaleleyo, nibe nombono onzulu,

10ukuze nibe nokukwazi ukuzicalu-calula izinto. Xa kunjalo ke iMini kaKrestu
yofika ningenasiphako, nimsulwa,

11ubomi benu buqhelezela sisidima esinokuveliswa nguKrestu kuphela, ukuze
uThixo abongwe adunyiswe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

Ubomi bunguKrestu

12Ndifuna nazi, mawethu, ukuba izinto ezandihlelayo zanceda ekuziqhubeleni
phambili, endaweni yokuzidodobalisa, iindaba ezingoKrestu.

13Ngenxa yaloo nto ke bonke abalindi bebhotwe, kunye nabo bonke abanye
abalapha, bayazi ukuba ndisentolongweni njekungenxa yokuba ndisisicaka
sikaKrestu.

14Loo nto ke ibangela ukuba amakholwa ayithembe iNkosi, athathe unyawo
ukulishumayela oku ilizwi likaThixo.

15Kanti ke abanye uKrestu bamshumayela ngomona nangolunya, bambi ke
bona bamshumayela ngomoya omhle.

16-17Abo ke baqhutywa luthando, kuba bayazi ukuba uThixo undiphathise
umsebenzi wokukhusela udaba olungoKrestu. Kodwa abanye aba bona
uKrestu abamshumayeli benyanisekile, koko bamshumayela ngomoya
wokuzigwagwisa, becinga ukuba bangandivusela inkathazo engaphezulu
ngoku ndibanjiweyo kakade.

18Akukhathaliseki! Nokuba bamshumayela ngomoya ombi okanye
benyanisekile, oko nje eshunyayelwa uKrestu, ndiyavuya mna, ndaye ke
ndisaya kuvuya.

19Kaloku ndiyazi ukuba ngemithandazo yenu, nangoncedo loMoya kaYesu
Krestu ndiya kusinda.

20Umnqweno nethemba lam kukuba ndinganikezeli, kodwa ngamaxesha
onke, ingakumbi ngoku, ndikhuthale, ukuze ubume bam bonke bunike
isidima kuKrestu, ndiphila okanye ndifile.

21Kambe ke, ukudla ubomi, kum kukuthobela uKrestu. Ukufa ke kona kuzisa
lukhulu.

22Kodwa ke ukuba ukudla kwam ubomi kululutho, ndingakhetha ndithini?

23Ndixakiwe. Ndiyakulangazelela ukufuduka ndiye kuKrestu, nto leyo
ibhetele kakhulu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

24Kodwa ngenxa yenu kubalulekile ngaphezulu ukuba ndidle ubomi.

25Ngale yona into ndiqinisekile, futhi ndiyazi ukuba ndisaza kuphila. Ndisaza kuhlala ndinincede, niqhubele phambili, lukhule uvuyo nokholo lwenu.

26Xa ndiphinde ndafika ke apho kuni noba nebhongo ngakumbi ngoYesu Krestu ngenxa yobukho bam.

27Ngoko ke ziphatheni ngendlela engqinelana neendaba ezingoKrestu. Nokuba ndizile ndanibona, okanye ndiyeva nje ngani, mandive ukuba nimi ngxishi moyeni mnye, ninenjongo enye yokuncedisana, nisilwela ukuthotyelwa kweendaba ezingoKrestu.

28Musani ukoyikiswa ziintshaba zenu. Loo nto iya kuzenza ziqonde ukuba ziya kwantshabalalo, nina niya elusindisweni, ibe ke uloyiso luvela kuThixo.

29Kuba kaloku ilungelo lenu njengabamanywe noKrestu alipheleli ekukholweni kuye kuphela, koko lifikelela nasekubeni nive ubunzima ngenxa yakhe.

30Nina nam sisedabini elinye. Nakha nandibona ndikulo, futhi ikwaleli nivayo ukuba nangoku ndisekulo.

KwabaseFilipi 2

Intobeko nobukhulu bukaKrestu

1Njengoko kobu bomi bethu, simanywe noKrestu, kukho inkuthazo, kukho nokuvuseleleka kothando, nokudlelana koMoya, kukho nobubele novelwano,

2ngoko ke ndaneliseni nindivuyise ngokuba nibe banye ngezimvo nangothando, nibanye ngengqondo, nizamela ukuba nibe yimbumba yamanyama.

3Musani ukusunduzana. Izinto sanukuzenza ngokuzigwagwisa nangokuqhayisa. Ndaweni yaloo nto zithobeni, nibaphakamise kunani abanye abantu.

4Izinto abanomdla kuzo abanye zixabiseni nazo, ningakhathaleli izinto eninomdla kuzo kuphela.

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Njengoko nimanywe noYesu Krestu izimvo zenu mazifane nezakhe; kuba kaloku:

6Nakuba ubume bakhe babunguThixo ngenkqu, ukulingana noThixo akakubawelanga kangangokude afune ukusunduzana naye.

7Ndaweni yaloo nto waziqongqotha ubuyena, wathatha isimo sesicaka, waba ngumntu ncakasana. Engumntu ebantwini,

8wazambesa intobeko, ntobeko leyo yamsa ekufeni – ukufa kwasemnqamlezweni.

9Kungoko ke athe uThixo wamphakamisa kakhulu, wamthi jize ngelona gama lingaphezu kwawo onke amanye amagama,

10ukuze bonke abaphilayo, ezulwini, emhlabeni, naphantsi komhlaba, bagobe amadolo benika imbeko kwigama likaYesu;

11bathi bebonke bavume bengafihlisi ukuba uYesu Krestu yiNkosi, bebonakalisa ubungangamsha bukaThixo onguBawo.

Ukufezekisa injongo kaThixo ngosindiso lwethu

12Nani ke, zihlobo zam, njengoko nihlala nimthobela uThixo xa ndilapho, nangoku ke kubaluleke ngakumbi ukuba nimthobele nokuba ndikude. Lufezekiseni usindiso enilunikwe nguThixo, ninembeko nentlonipho.

13Kuba kaloku nguThixo ngokwakhe oninika amandla okuzimisela nokusebenza, ukuze nithobele injongo yakhe.

14Yonke into enimelwe kukuyenza yenzeni ngaphandle kokukhalaza nokuxambulisana,

15niziphathe nyulu ningenagxeke, njengosapho lukaThixo olungabekwa bala phakathi kwabantu abakhohlakeleyo beli phakade. Khanyani phakathi kwabo njengeenkwenkwezi zikhanya esibhakabhakeni,

16nibanika iindaba zobomi. Xa nenjenjalo ke, noba libhongo lam ngaloo Mini kaKrestu, kuba kaloku kobonakala ukuba andifumananga ndabulaleka elugqatsweni nasemsebenzini.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Kodwa nokuba kutheni ndingavuya, nokuba igazi lam lingade liphalazwe njengomnikelo ngenxa yokholo lwenu – kholo olo lulidini enilinikela kuThixo. Ndiyavuya, kunjalonje nani vuyani.

18Kwakhona ndithi vuyani, nam nindonwabise.

UTimoti noEpafrodito

19INkosi ivuma, ndinethemba lokuba kwakamsinya ndoba nako ukumthuma kuni uTimoti, khon' ukuze ndihlaziyeke ziindaba ezivela kuni.

20Kaloku uTimoti lo kuphela komntu ozimvo zinjengezam; yaye unomdla ngokwenene kuni.

21Bonke abanye aba baxakeke zizinto zabo, bengayinanze nganto ekaKrestu imicimbi.

22UTimoti yena nimazi kakuhle. Niyazi ukuba wayesoloko ejikeleza kunye nam ekuhambiseni iindaba ezimnandi, kanye oku konyana ethene nca noyise.

23Ndiza kumthuma kuni ke kamsinya, ndakuba ndiyiqondile imeko yokuhamba kwezinto ngakum;

24ndaye ndinethemba lokuba emandleni eNkosi nam ngokwam ndiza kuza kungekudala.

25Ndiyabona ukuba uwethu uEpafrodito, ongumncedisi nogxa wam, enanimthumele kum, mandimthumele kwakuni.

26Ubesoloko enikhumbula gqitha, yaye uva intw' embi kuba nivile ukuba ubegula.

27Kambe wayegulela ukungabikho, kodwa uThixo wamenzela inceba, nam wandivela ngokundikhulula kusizi olungaphezu kolu ndinalo.

28Ngenxa yaloo nto ke ndikungxamele ngakumbi ukumthumela, ukuze nivuye kwakhona nakumbona, nam ndiphumle elusizini.

29Mamkeleni ke ngezandla ezingenamkhinkqi ebudlelaneni eninabo neNkosi. Bonke abantu abanjengaye nje benzeleni imbeko,

© 1996 Bible Society of South Africa.

30kuba yena obakhe ubomi uphantse ukwahlukana nabo ngenxa yemicimbi
kaKrestu, ebubeke esichengeni ukuze andincede apho beningenakundinceda
khona nina.

KwabaseFilipi 3

Ubulungisa benene

1Ndiphetha ngelithi ke, mawethu, yanga iNkosi inganipha uvuyo.
Akundixhamli konke ukuphinda ndibhale izinto ebekhe ndazibhala
ngaphambili; iya kuninceda loo nto.

2Zilumkeleni ezo zinja, nemikhwa yazo emibi. Balumkeleni abo banimele
ngokutsheca imizimba – soze ndithi lulwaluko loo nto yabo.

3Ábaluke ngenene sithi, thina bamnqula ngoMoya uThixo, thina baqhayiya
labo linguKrestu Yesu, thina singaqhayisiyo ngento eyenziwe emzimbeni.

4Nam ngokwam bendingaqhayisayo ngezi zinto. Ukuba kukho bani uqhayisa
ngembonakalo, mna ndingaqhayisa ngaphezulu:

5Mna ndaluswa ndineentsuku ezisibhozo ndizelwe. NdingumSirayeli wesizwe
sakwaBhenjamin ngokomlibo, umHebhere nozwane. Ndandingoweqela
labaFarasi ekugcineni umthetho,ndinenzondelelo,

6ndada ndalitshutshisa ibandla. Ndandingabekwa bala ekuwugcineni
umthetho.

7Kodwa zonke ezo zinto ndandisithi ziyinzuzo, ngoku ndizithatha
njengelahleko ngenxa kaKrestu.

8Phofu asizizo zodwa, koko yonke into ndiyithatha njengelahleko mpela,
kuba zonke izinto zigqithwa kude lee yinzuzo yokwazana noYesu Krestu
iNkosi yam. Ndalahla yonke into ngenxa yakhe. Into yonke ndiyithatha
njengomgquba ngenxa yokufuna ukuzuza uKrestu.

9Kaloku ndimanywe naye, ndingenabulungisa ndizifumanele bona
ngokugcina kwam umthetho. Ndimanywe noKrestu nje, ndenziwe ilungisa
nguThixo ngenxa yokukholwa kuKrestu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

10Inye kuphela ke into endiyifunayo: kukwazana noKrestu, ndize nam
ndiweve ukusebenza kwawo amandla okuvuka kwakhe, ndibe nenxaxheba
kwiimbandezelo zakhe, ndimanywe naye ekufeni kwakhe,

11ndinethemba lokuba nam ndovuswa ekufeni.

Ukusukela entanjeni

12Asikuko nokuba ndithi sendiphumelele, okanye sendigqibelele, nto nje
ndihlala ndixhinele phambili, ndizabalazela ukuba kubekho lutho
ndiluzuzayo, kuba nam ndazuzwa nguKrestu Yesu.

13Hayi, mawethu, andizibaleli ekuthini sendizuzile, nto nje nantsi into
endiyenzayo: ndithi ndizilibala izinto esezigqithile, nditsazele kwezo
zingaphambili,

14ndixhinele entanjeni, ukuze ndilizuze ibhaso laphezulu asifunza kulo
uThixo ngoYesu Krestu.

15Sonke ke thina bafikeleleyo kulo mgangatho masibe nale njongo. Kambe,
ukuba bakho kuni abaneembono ezizezinye, uThixo uya kubatyhilela.

16Kodwa ke ukuziphatha kwethu makulungelelane nalo mgangatho
sesifikelele kuwo.

17Mawethu, manyanani ekulinganiseni mna. Mna ndingumzekelo kuni; ngoko
ke bagqaleni abo bahambo injengeyam.

18Njengoko ndasoloko ndinixelela, ngoku nditsho ndisenzinyembezini, ukuba
baninzi abazimilo zibenza babe ziintshaba zomnqamlezo kaKrestu.

19Bafunzele entshabalalweni. Bona uThixo wabo sisisu sabo. Ihlazo labo
baqhayisa ngalo. Iingqondo zabo bazimilisele ezintweni zalo mhlaba.

20Kanti ke thina ikomkhulu lethu lisezulwini, apho silindele ngolangazelelo
ukuba uya kuvela khona uMsindisi wethu, iNkosi uYesu Krestu.

21Yena uya kuyiguqula le meko yethu iphuthileyo, ayifanise neyakhe
enobungangamsha, esebenzisa kwaloo mandla awasebenzisayo xa afaka
zonke izinto phantsi kolawulo lwakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

KwabaseFilipi 4

1Ewe ke, mawethu, zihlobo zam ezithandekayo, andisanikhumbuli ngako!
Kaloku niluvuyo nesithsaba sam; ngoko ke, bathandwa, zingisani
njengabeNkosi.

Iziyalo

2UYodiya benoSintike ndibacela ndibacenga-cenga ukuba babe moya mnye
ebudlelaneni beNkosi.

3Ewe, nawe mlingane wam, ndiyakubongoza ukuba uwalamle la
makhosikazi, kuba nawo aba nenxaxheba kwimizamo yam yokuhambisa
iindaba ezimnandi, enoKlemente nabanye oogxa bam abamagama
abhaliweyo kumqulu wabaphilayo.

4Ngoko ke, nimanywe neNkosi nje, yonwabani! Ewe, ndiyaphinda ndithi
vuyani!

5Bazeleleleni bonke abantu. INkosi isemnyango.

6Sanukuba naxhala; kodwa iintswelo zenu ziseni kuThixo ngomthandazo,
nimbongoze ninombulelo.

7Ke lona uxolo lukaThixo olungaphaya kokuqonda luya kuzalusa iintliziyo
neengcinga zenu ningahlukani noKrestu.

8Mandiphethe ngelithi, mawethu, hlalani nicinga ngezinto eziyinyaniso
nezindilekileyo nazo zonke izinto ezilungileyo nezinyulu, zonke
ezithandekayo nezinesidima, nangezinto ezintle ngokupheleleyo
kwanezincomekayo.

9Zenzeni zonke izinto enazivayo nezo nazibonela kum, amazwi kwanezenzo.
Ke uThixo onika uxolo uya kuba nani.

Umbulelo

10Ndimanyene neNkosi, yaye ndivuya gqitha kuba emva kwethuba elingaka
kuphinde kwabalasela ukundikhathalela kwenu. Phofu kakade
nanindikhathalele, koko niswele ithuba.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Xa nditshoyo ke andikhalazeli kuswela. Kaloku mna ndafunda ukwanela
nakuyiphi na imeko endikuyo.

12Ndiyazana nokuswela, kanti ke futhi ndikuqhelile ukuba nento yonke.
Ndiwaqhelile amahlandinyuka obomi: intlutha nendlala, ubutyebi nokuswela.

13Ndinako ukumelana nayo nayiphi na imeko ngenxa yamandla alowo
undomelezayo.

14Ngxatsho ke, intle into eniyenzileyo ngokundixhasa ezingxakini zam.

15Yayinini nodwa kakade enandincedayo, bantu baseFilipi, njengoko nani
nisazi. Kuwo onke amabandla ethu nini kuphela enanijongene neendleko
kunye nengenelo yam kwamhla ndaqalisa ukuhambisa iindaba ezimnandi,
ndisuka eMakedoni.

16Naxa ndandiseTesalonika naphinda-phinda ukundithumela uncedo.

17Asikuko nokuba ndincwase ukuba nindikhongoze izipho, nto nje ndijonge
ukuba ibe nini abafumana inzuzo.

18Ngoku sendifumene le mpahla ifike noEpafrodito, akukho nto ndingenayo.
Nindixhase nangaphezu kokuba bendilindele. Ndiyifanisa nedini elivumba
limnandi, umbingelelo owamkelekileyo nowanelisayo kuThixo.

19Yaye uThixo wam wonibonelela kuzo zonke iintswelo zenu ngendyikityha
yendyebo yakhe ekuKrestu Yesu.

20Makadunyiswe uThixo uBawo wethu ngonaphakade kanaphakade! Amen.

Imibuliso

21Ndibulisa kusapho lonke lukaThixo olumanywe noKrestu Yesu. Bayabulisa
nabo abantu bakaThixo abalapha kunye nam,

22nalo lonke usapho lukaThixo, ingakumbi abo bebhotwe likaKhesare.

23Ubabalo lweNkosi uYesu Krestu malube nani nonke.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

KwabaseKolose

KwabaseKolose 1

Isingeniso

1Kubhala mna Pawulos, umthunywa kaYesu owamiselwa ngentando kaThixo,
ndikunye nomwethu uTimoti.

2Ndibhalela usapho lukaThixo, amawethu athembekileyo aseKolose,
amanyene noKrestu. Ndithi: Ngamana uThixo uBawo wethu wanenzela isisa,
aniphe uxolo.

Umthandazo nombulelo

3Asinilibali emithandazweni yethu, singalibali nokumbulela uThixo uYise
weNkosi yethu uYesu Krestu,

4oko sevayo ngokukholwa nokuzinikela kwenu kuKrestu Yesu,
nangokuluthanda kwenu usapho lukaThixo.

5Ewe, siyayibulela loo nto ngenxa yedinga eninalo kwaThixo, enaqala ukuva
ngalo ngodaba lwenyaniso.

6Olu daba luvakala elizweni liphela, luvelisa iziqhamo, lunwenwe kanye
ngale ndlela lenze ngayo naphakathi kwenu ukususela mhla neva naziqonda
njengoko zinjalo izibele zikaThixo.

7Le nto nayiva ngoEpafra, umncedisi wethu othandekayo, osisicaka
esithembekileyo sikaKrestu ngenxa yenu.

8Nathi ke usibalisele ngothando aniphe lona uMoya.

9Ngenxa yeso sizathu ke, ukususela mhla seva ngani, asiphezi
ukunithandazela. Siyamcela uThixo ukuba aniphe ukuyazi intando yakhe,
nibe nabo bonke ubulumko nokuqonda okuvela kuMoya.

10Ngoko ke niya kuba nako ukuziphatha ngendlela ethandekayo eNkosini,
niyikholise ngeendlela zonke. Xa kunjalo ke ubomi benu buya kuqhama
ziintlobo-ntlobo zemisebenzi elungileyo, nani nikhule ekumazini uThixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Wanga anganomeleza ngamandla akhe agqitha ukuqonda, ukuze nibe nako
ukunyamezela ninomonde novuyo.

12Bulelani kuBawo onenze nakufanela ukuba nenxaxheba kwilifa labantu
bakhe ebuqaqawulini.

13Wasihlangula egunyeni lobumnyama, waza wasifudusela ekulawulweni
nguNyana wakhe oyintanda,

14lo sifumene kuye inkululeko nokuxolelwa kwezono.

Umbongo kaKrestu

15UKrestu yimbonakalo kaThixo ongabanokaliyo; ingqalo nentloko yayo
yonke indalo.

16Iinto zonke zadalwa ngaye, ezulwini nasemhlabeni, ezibonakalayo
nezingabonakaliyo. Zonke zivela kuye: ooziphathamandla namatshawe,
oozilawuli noomagunya. UThixo walidala ngaye elidalela yena ihlabathi
liphela.

17Iinto zonke zingekabikho, yena wayekho kade. Nto zonke ziyondelelana
zilungelelane kuye.

18Intloko yomzimba olibandla lakhe ikwanguye. Nguye ulibo, owokuqala
ukuvuswa ekufeni, khon' ukuze yena abe sisiqalo ezintweni zonke.

19UThixo uthandile ukuba aphuphume ubuThixo.

20Yena ngulowo uThixo azixolelanise ngaye nehlabathi liphela; ewe,
ngokuphalala kwegazi lakhe emnqamlezweni wazixolelanisa naye zonke
izinto ezisezulwini nezisemhlabeni.

UThixo udale imeko entsha

21Benifudula ninxaxhile, kungekho buhlobo phakathi kwenu noThixo, ngenxa
yemikhwa emibi enaniyenza, niyicinga nokuyicinga.

22Kodwa ngoku uThixo udale ubuhlobo phakathi kwakhe nani ngokuphalala
kwegazi likaKrestu, ukuze anisondeze ningabantu abanyuliweyo,
ningenasiphako, nimsulwa phambi kwakhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.

23Nani ke yithini ngcembe elukholweni, nimi ngxishi phezu kwesiseko senu, ningagungqiswa nto kwithemba eninalo ngenxa yeendaba ezimnandi. Zezi ndaba kanye ke uThixo andithume ukuba ndizivakalise, ezi zishunyayezwa uwonke-wonke phantsi kwelanga.

Inxaxheba kaPawulos emsebenzini kaKrestu

24Kuyandonwabisa ukuhlupheka kwam ngenxa yenu. Kuba ngale ndlela ndithatha inxaxheba ngalo mzimba wam ubuthathaka ngokuzibandakanya neentlungu ezisilindeleyo zikaKrestu, ngenxa yomzimba wakhe, ibandla lakhe ke ukutsho.

25Ndenziwe umlungiseleli webandla nguThixo ondinike olu xanduva ukuba ndiluthwale ngenxa yenu. Luxanduva lodaba lwakhe ekufuneke ndiluvakalise ngokupheleleyo.

26Ndivakalisa loo mfihlelo yafihlwa mandulo kwizizukulwana ngezizukulwana. Kodwa ke ngoku ityhilwe kubantu bakaThixo.

27Yinjongo yakhe uThixo ukuyazisa kubantu bakhe le mfihlelo ixabiseke kunene, iqaqambileyo, ayilungiselele uluntu luphela. Yiyo le ke loo mfihlelo: uKrestu ungaphakathi kuni, ulithemba lewonga eniya kulifumana kuThixo.

28Ngoko ke sishumayela uKrestu eluntwini. Silumkisa sifundise wonke ubani ngamava esinawo, khon' ukuze sibanikele kuThixo bonke ngabanye befezekile ngokumanywa noKrestu.

29Ndibila ndisoma ukufeza olu xanduva, ndisebenza ngamandla endiwaphiwa nguKrestu ongaphakathi kum.

KwabaseKolose 2

1Ndifuna niyazi indlela endabulaleka nzima ngayo ngenxa yenu nabantu baseLawodike, kwanabo bangazanga bandibona ngamehlo.

2Ndifuna bahlale bomelele, bemanyene ngothando, ukuze bafikelele ekuqinisekeni ngokupheleleyo ngengqondo, beyiqiqa imfihlelo kaThixo. Loo mfihlelo ke nguKrestu ngenkqu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Nguye uvimba wendyebo kaThixo yobulumko nokuqonda.

4Ndinixelela le nto nje, ndifuna ze ningalahlekiswa bani ngeentetho ezilahlekisayo, nokokuba zivakala kakuhle kangakanani na.

5Nakuba ndingekho siqu apho, ndikho kodwa ngomoya, ndaye ndivuya kuba ndiyiphawule indlela enimi ngxishi ngayo, ningagungqi ekukholweni kuKrestu.

Ubomi obugqibeleleyo ngokumanywa noKrestu

6Ngoko ke, njengoko namamkelayo uKrestu Yesu iNkosi, hlalani nimanyene naye.

7Iingcambu zenu mazendele, nakheke kuye, nomelele ngokomelela elukholweni njengoko nafundiswayo, niphuphume ngumbulelo.

8Zilumkeleni, ningathatheki iingqondo yimilavuzo engaphethe nto, engasekelwanga ngoKrestu, esekelwe ngezithethe neemfundiso zabantu, nangamagunya alawula ehlabathini.

9Kuba kaloku ubume bobomi bukaThixo bukho ngokupheleleyo kuKrestu ongumntu;

10yaye ke nimanywe naye nje, niphiwe ubomi obupheleleyo. Kaloku yena yintloko: liphantsi kwakhe lonke igunya namandla.

11Nakuba nimanyene naye naluswe ngolwaluko olungelulo olwabantu nje, kodwa olulolukaKrestu: lona kukukhululwa komntu kwigunya lesimo esidala.

12Kaloku ekubhaptizweni kwenu nangcwatywa kunye naye, kwangokunjalo navuswa kunye naye ngokuzinikela kumandla kaThixo asebenzayo, yena wamvusayo uKrestu ekufeni.

13Nangona nanifile ngenxa yeziphoso zenu, nto leyo icaciswa kukungaluki kwenu, uThixo univuse kunye noKrestu, waza wazixolela zonke izono zethu.

14Usicime mpela isityholo setyala lethu lokwaphula imiqathango yomthetho. Incwadi leyo yesityholo uyisuse kwaphela, wayibethelela emnqamlezweni.

© 1996 Bible Society of South Africa.

15Uboyisile oomagunya nooziphathamandla, wabenza intlekisa esidlangalaleni, bekumngcelele wabathinjwa aboyisiweyo.

16Ngoko ke makungabikho bani unixoxisayo ngento emaniyitye, okanye niyisele, nangemisitho yokuthwasa kwenyanga neyoMhla wokuPhumla.

17Ezi zinto zazisisithunzi nje sento eyayilindelekile – inkqu yayo nguKrestu.

18Musani ke ukuqhathwa ngabantu abazenza bhetele, beqhayisa ngemibono nangentobeko ethile, benqula izithunywa zezulu. Abantu abanjalo bafumana bezingca nje, bebambelele ezintweni ezibonakalayo zengqondo yabo.

19Baphuncukile kwintloko enguKrestu. Kanti ke umzimba namalungu nemisipha unxibelelana nentloko ukuze wondleke ubambene, ukhule ngendlela kaThixo.

Ukudla ubomi noKrestu

20Kaloku nafa kunye noKrestu, nakhululeka ekulawulweni ziimpembelelo zeli phakade. Ngani ke ukuba niziphathe ngokwabantu beli phakade? Kutheni ukuba nibe ngoothoba-sikutyele, niphulaphula nje xa kusithiwa:

21“Sanukuyiphatha le, sanukuyingcamla leya, enye sanukuyichukumisa”?

22Xa zizonke ezi zinto ziyonakala zakuba zisetyenzisiwe. Injalo ke imithetho neemfundiso zabantu.

23Okunene le nkqubo yokuzenza ngcwele, nokuzicinezela, kunye nokungcungcuthekisa umzimba, ibonakala ngathi inobulumko, kodwa iyoyiswa kukulwa inkanuko yemvelo.

KwabaseKolose 3

1Njengoko kaloku navuswa kunye noKrestu, yibani nomdla kwizinto zasezulwini, apho akhoyo uKrestu, ehleli kwiwonga alinikwe nguThixo.

2Iingqondo zenu zimiliseleni kwizinto zaphezulu, kungabi kwizinto zalo mhlaba.

3Kaloku nafa; ngoko ke ubomi benu busafihlakele kunye noKrestu kuThixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4UKrestu bubomi benu; ngoko ke, akubonakaliswa yena, nani niya
kubonakala ningoomaqhuzu kunye naye.

Ubomi obudala nobutsha

5Ngoko ke yitshitshiseni iphele kuni imikhwa yeli hlabathi: ukurheletya,
ukungcola, ukutshiseka, iinkanuko, nokunyoluka okukwalunqulo-zithixo.

6Izimilo ezinje zizondwa yingqumbo kaThixo.

7Nani ke ngokuyâ naningekaguquki naniziphethe ngolu hlobo.

8Kodwa ke ngoku zilumleni kuzo zonke ezi zinto: ingqumbo, iphuku, ububi,
ukuthuka, nokuthetha krwada.

9Ngoku nisilahlileyo isimo esidala sanukuxokisana.

10Kaloku ngoku nambethe isimo esitsha, athe chu kuhle ukusihlaziya uThixo,
ukuze sifuze yena mdali waso, nokuze nani nimazi ngokupheleleyo.

11Apho ke akusekho mahluko phakathi komGrike nomJuda, owalukileyo
nongalukanga, abangaphucukanga nabaphantsi, ikhoboka nokhululekileyo;
kuba uKrestu uyinto yonke, ekubo bonke.

12Ningabantu bakaThixo abanyuliweyo abathandiweyo nina, abakhe
ngenkqu. Ngoko ke nxibani ezifanele abakhe: inceba, ububele, ukuthobeka,
ubulali, nomonde.

13Nyamezelanani, nixolelane. Ukuba omnye ukhalazela omnye xolelanani
kwanjengokuba nayo iNkosi yanixolelayo.

14Ngaphezu kwazo zonke ezi zinto yongezani uthando, lona lubopha izinto
zonke zibe yimbumba egqibeleleyo.

15Uxolo eniluphiwa nguKrestu malube lulo olugweba iintliziyo zenu, kuba
uThixo wanibizela kolu xolo ukuze nibe ngamalungu omzimba omnye.
Phuphumani ke ngumbulelo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

16Maluhlale ngokupheleleyo ezintliziyweni zenu udaba lukaKrestu. Fundisanani, niyalane ngobulali. Culani iindumiso, nihlabele amaculo, nivuma iingoma zoMoya, nibulela uThixo ngentliziyo.

17Nantoni na ke eniyenzayo, nokuba niyathetha, nokuba niyenza, yenzeleni egameni leNkosi uYesu, nibulela uThixo uYise ngayo.

Intlalo yosapho olungamaKrestu

18Nina makhosikazi, bathobeleni ngokuzinikela abayeni benu, kuba yimfanelo yenu yobuKrestu leyo.

19Nina madoda, bathandeni abafazi benu, ningabi ngqwabalala.

20Bantwana, bathobeleni abazali benu maxa onke, kuba yeyona nto iyikholisayo iNkosi leyo.

21Bazali, nina musani ukubacaphukisa abantwana bade bakruquke.

22Nina zicaka, bathobeleni abaphathi benu balapha emhlabeni kuzo zonke izinto. Thembekani emsebenzini naxa ningajongwanga; ewe, sebenzani ngokungathi nikhonza iNkosi ngenkqu, ningajonge kunconywa ngabantu.

23Nayiphi na into eniyenzayo yenzeni ngomxhelo ngokungathi niyenzela iNkosi, aniyenzeli bantu.

24Ze nikhumbule ukuba iNkosi iya kunivuza ngelifa eligcinele abantu bayo. Kaloku uKrestu yeyona Nkosi nikhonza yona.

25Kodwa yena umenzi wobubi uya kuvuzwa ngokwemisebenzi yakhe emibi; kuba uThixo ugweba wonke ubani engakhethi buso.

KwabaseKolose 4

1Nina basemagunyeni, izicaka zenu ziphatheni kakuhle, ngobulungisa. Ze nikhumbule ukuba nani nineNkosi esezulwini.

Iziyalo

2Zingisani ukuthandaza, niphaphile, ninombulelo kuThixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Nam nindikhumbule emthandazweni, ukuze uThixo andivulele ithuba lokushumayela, ndivakalise udaba olungoKrestu obelukade lungaziwa mntu. Ndikhonkxiwe nje kaloku yiloo nto.

4Ze nindithandazele ukuze ndiyithethe icace le mfihlelo, njengoko ndimelwe kukwenjenjalo.

5Yilumkeleni indlela eniziphatha ngayo phambi kwabo bangakholwayo, nilisebenzise kakuhle ithuba eninalo.

6Incoko yenu mayisoloko imnandi, inika umdla. Fundani ukucebisana kakuhle nomntu ngamnye enidibana naye.

Umbuliso

7Umwethu oyintanda, uTikiko okholekileyo, umncedi nogxa wam emsebenzini weNkosi, uza kunibalisela ngemeko yam apha.

8Yiyo le nto ndimthumela kuni nje, ndifuna aze kunixelela ngempilo yethu, anivuselele.

9Uza kuba ehamba no-Onesimo, ikholwa eliyintanda lakuni. Bonixelela ke zonke iindaba zalapha.

10Uyanibulisa uAristarko ongumbanjwa kunye nam, kwanoMarkoumzala kaBharnabha. (Beseniwufumene umyalezo ngaye, ngoko ke xa athe wafika mamkeleni azive esekhaya.)

11NoYesu onguYusto uyabulisa. Ngâba kuphela kumakholwa amaJuda abândincedisáyo emsebenzini wokuvakalisa ulawulo lukaThixo. Futhi ke bayintuthuzelo kum.

12Uyabulisa uEpafra , isicaka sikaKrestu Yesu, okwangowakuni. Uthe rhoqo ukunithandazela ukuba nime ningahexi, nikhule, nizinikele ngokupheleleyo ekwenzeni intando kaThixo.

13Nam ndiyangqina ukuba akaphumli esebenzela nina nabaseLawodike nabantu baseHirapoli.

© 1996 Bible Society of South Africa.

14Nomhlobo wethu othandekayo ugqirha uLuka uyabulisa, ngokunjalo noDemas.

15Ndibuliseleni kumawethu aseLawodike, nakuNimfa nebandla elo lihlanganela endlwini yakhe.

16Xa seniyifundile le leta yigqithiseleni kwibandla laseLawodike, ifundwe nakhona. Ngokukwanjalo ke nani ze niyifunde laa leta yaseLawodike.

17Gqithisani lo myalezo kuArkipo:“Nakanjani na, umsebenzi owawunikwa yiNkosi wenze ngokufezekileyo.”

18Umbuliso lo ubhalwa ndim mna Pawulos. Khumbulani ukuba ndikhonkxiwe! Ubabalo lukaThixo malube nani.

© 1996 Bible Society of South Africa.

1 KwabaseTesalonika

1 KwabaseTesalonika 1

Isingeniso

1Kubhala mna Pawulos, ndikunye noSilas noTimoti. Ndibhalela ibandla likaThixo uYise neNkosi uYesu Krestu, eliseTesalonika. Ndithi kuni: Makulawule ubabalo noxolo.

Intlalo yabaseTesalonika

2Ndisoloko ndimbulela uThixo ngenxa yenu nonke, ndinikhumbula njalo emithandazweni yam.

3Ewe, andinilibali phambi koThixo onguBawo wethu. Ndikhumbula ukusebenza kwenu niqhutywa lukholo, ukubulaleka kwenu niqhutywa luthando, nomonde wenu ngenxa yethemba lenu eNkosini uYesu Krestu.

4Ndiqinisekile, mawethu athandiweyo nguThixo, ukuba uninyulele ukuze nibe ngabakhe.

5Kaloku iindaba ezimnandi endaniphathela zona yayingengomlomo nje qha, koko ndazizisa ngamandla kaMoya oyiNgcwele, ndiqhutywa kukoyiseka bubunyaniso bazo. Niyayazi indlela endandiziphethe ngayo ngokuya ndandilapho phakathi kwenu. Yonke loo nto yayikukulungiselela nina.

6Nani ngokwenu nalandela ekhondweni lethu neleNkosi. Nangona naniphatheke kabuhlungu,udaba nalwamkela ngovuyo oluvela kuMoya oyiNgcwele.

7Naza ngokwenjenjalo naba ngumzekelo kuwo onke amakholwa eMakedoni naseAkaya.

8Kuba kaloku udaba lweNkosi lwahlokoma luphuma kuni, alwaya eMakedoni naseAkaya kuphela, koko iindaba zokukholwa kwenu kuThixo zihlwayeleke kuyo yonke indawo, kangangokuba akusekho mfuneko yakuba sichaze nto thina.

© 1996 Bible Society of South Africa.

9Seyingundaba-mlonyeni kubo bonke abantu indlela enasamkela ngayo kutyelelo lwethu. Kanti nokulahla kwenu izithixo niguqukela kuThixo, ukuze nibe zizicaka zoThixo wenene ophilayo, kukwanjalo.

10Nonke nihlala nilindele ukubuya koNyana wakhe ezulwini, lowo wamvusayo ekufeni; ewe uYesu, yena usihlangulayo kuyo yonke ingqumbo ezayo.

1 KwabaseTesalonika 2

Umsebenzi kaPawulos eTesalonika

1Nazi ngokwenu, mawethu, ukuba undwendwelo lwethu phakathi kwenu alubanga lilize konke-konke.

2Emva kokuphathwa gadalala sinyeliswa nokunyeliswa eFilipi seza kuluphalaza kuni udaba lweendaba ezimnandi zikaThixo, singafihlisi, singenalo noloyiko, siphiwa amandla nguThixo wethu. Yaba ngumzamo onzimakazi lowo.

3Ewe kambe, ukushumayela kwam akuzanga kusekelwe ngabuxoki, kungazanga kwaba nazinjongo ziphuthileyo, ndaye ndingazanga ndalinga nakukhohlisa bani.

4Koko ndityunjwe nguThixo nje, ndakufanela nokuphathiswa iindaba ezimnandi, ndisuka ndithethe ngezinto eziphathelele kwezo ndaba. Andizicengezeli mntwini, ndizicengezela kuThixo kuphela, yena ohleli ezazi iingcinga zethu.

5Niyazi kakuhle ukuba bendingankwalambisi ukuthetha nani. UThixo uyazi ukuba ukunyoluka bendingakwambesi ngentetho emnandi.

6Bendingakuhoye nganto ukudunyiswa ngabantu, nditsho nani, nabani na.

7Bendinako kambe ukunisinda ngesithinzi kuba ndingumthunywa kaKrestu ngenkqu, koko ndisuke ndambuna kuni, ndaba yindlezana ibungezela iintsana zayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Bendinithanda kangangokuba andanelanga nje kukunishumayeza ngeendaba ezimnandi zikaThixo, koko ndazinikela mna siqu ngenxa yenu. Bendinithanda ke khona!

9Khanikhumbule, mawethu, indlela ebesisebenza nzima ngayo sibulaleka. Besisebenza ubusuku nemini, sisebenzela ukuzixhasa, size singabi ngomthwalo mntwini, lo gama sinishumayezayo ngeendaba ezimnandi zikaThixo.

10Niyangqina nani, nditsho noThixo ngenkqu ulingqina ngendlela ebendihlala ngayo ndikholekile, ndililungisa, ndingabekwa bala phakathi kwenu makholwa.

11Niyazi ukuba bendinjengoyihlo kuni nonke ngabanye.

12Bendinithundeza nakutyhafa, ndiniluleka, ndiniyala ukuba nihlale ngendlela emanelisayo uThixo onibizela ewongeni kulawulo lwakhe.

13Nasi esinye isizathu esibanga ukuba ndingaphezi ukumbulela uThixo: nathi sakuba siniphathele udaba lukaThixo, nalwamkela. Analwamkela ngokodaba nje lwabantu, koko nalwamkela njengoko lunjalo, lulilizwi likaThixo elisebenzayo kuni nina nikholwayo.

14Nani mawethu, niphatheke ngohlobo awayephatheke ngalo amabandla akwaJuda, abantu bakaThixo abamanywe noYesu Krestu. Nani nitshutshiswa ngamawenukanye ngalaa ndlela bona babetshutshiswa ngayo ngamaJuda,

15lawo ayibulalayo iNkosi uYesu nabashumayeli, nathi ngokwethu asigxotha.Lawo ke ngamaJuda angayikhathalelanga intando kaThixo, aziintshaba zoluntu.

16Nathi asithintela, engafuni sithethe neentlanga sizikhokelele elusindisweni. Ngokwenjenje ke ayizalisile ibhekile yezono zawo. Kungokunje ingqumbo kaThixo iphezu kwawo.

UPawulos unqwenela ukubatyelela kwakhona

© 1996 Bible Society of South Africa.

17Thina ke, mawethu, sithe sakuba sahlukene nani okomzuzwana – phofu
ngembonakalo, hayi ngeentliziyo – sanxuba sinqwenela ukuphinda sinibone.

18Sazama ukuza apho eTesalonika – ewe, kanye mna Pawulos akukanye
ndizama – kodwa uSathana uxabile endleleni.

19Kaloku ekubuyeni kweNkosi yethu uYesu, xa simi phambi kwayo,
asinathemba naluvuyo naqhayiya ngaphandle kwenu!

20Ewe, ngenene nini nedwa ibhongo novuyo lwethu!

1 KwabaseTesalonika 3

1Ngoko ke ndithe ndakuqonda ukuba akunyamezeleki, ndabona ukuba
mandisale ndedwa apha eAtene,

2ndimthumele kuni uTimoti ongugxa wam kumsebenzi kaThixo
wokushumayela iindaba ezimnandi ezingoKrestu. Ndimthumela ukuze
anikhuthaze nime ngxishi elukholweni,

3ningagungqiswa nto naxa nitshutshiswa. Njengoko nisazi, ezo ntshutshiso
zisisabelo sethu kaloku.

4Ndatsho kuni oko bendiphakathi kwenu ukuthi simelwe kukubuva
ubunzima. Kwenzeke kanye loo nto ke ngoku, njengoko nisazi.

5Ndakungabi nakunyamezela ke ndithumele uTimoti ukuba akhe eze
kuqonda ngombandela wokholo lwenu, hleze kuthi kanti unihendile
uSathana, ndize mna ndibe ndifane ndabulaleka ndisebenza.

6Ngoku uTimoti usandul' ukufika evela apho kuni eTesalonika, esiza
neendaba ezindonwabisayo, endixelela ngokholo nangothando eninalo. Uthi
nisoloko nineengcinga ezintle ngam; yaye uthi nani ninqwenela ukundibona
kwanjengokuba ndinqwenela ukunibona nam.

7Kuzo zonke ke ngoko iinkxwaleko neenzingo zam, ukholo lwenu, mawethu,
luyandikhuthaza.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Kaloku ikukuphila kum into yokuba nina nihlale nithe zinzi nimanywe neNkosi.

9Ndingambulela ndithini uThixo ngenxa yenu? Ndingambulela ndithini ngenxa yolonwabo enindenzele lona?

10Imini nobusuku ndihleli ndithandaza ngenyameko, ndicela ukuba ze ndibuye ndibonane nani, ndize ndilulungise ukholo lwenu apho lulambatha khona.

11Wanga uThixo uYise ngenkqu, ekunye neNkosi uYesu, angayenza mhlophe indlela yam xa ndizayo apho kuni!

12Yanga ingalukhulisa iNkosi uthando eninalo luphuphume, nithandane, nithande naye wonke ubani, kanye ngale ndlela ndinithanda ngayo mna.

13Ngamana iNkosi inganomeleza ngolu thando, ukuze xa nimi phambi koThixo uYise, nifunyanwe ninyulu, ningenabala ekufikeni kweNkosi uYesu, inabo bonke abo bamanywe nayo.

1 KwabaseTesalonika 4

Intlalo ekholisa uThixo

1Ngaphezu koko, mawethu, sanifundisa indlela yobomi obumkholisayo uThixo. Le ke phofu yindlela ebeniphila ngayo kakade. Kodwa ke ngoku, njengoko nimanywe neNkosi uYesu, sinicela sinicenga-cenga ukuba nenze ngakumbi.

2Kaloku niyayazi imiyalelo esaninika yona ngegunya leNkosi uYesu.

3UThixo uthanda ukuba nibe nyulu, nikucezele ukurheletya.

4Umntu ofuna umfazi makathathe umfazi ahlale naye ngobunyulu nembeko,

5iinkanuko angaziphi nomtyhi lo njengâbo bangamaziyo uThixo.

6Ngokukwanjalo ke makungabikho bani umonayo okanye umvuyelelayo umwabo kulo mbandela. Sesinilumkisile ngaphambili ukuba iNkosi iya kubohlwaya abo benza izinto ezinjalo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Kaloku uThixo akasibizelanga ekungcoleni, koko ufuna sibe nyulu.

8Ngoko ke, nabani na ongayifuniyo le mfundiso akachasi mntu, uchasa uThixo lo unipha uMoya oyiNgcwele.

9Akukho mfuneko yakuba ndinichazele ngoxanduva lokuthanda amanye amakholwa, kuba kaloku nina ngokwenu uThixo uyanifundisa ukuba nithandane.

10Ibe ke ngenene nani niziphethe ngale ndlela kuwo onke amakholwa kulo lonke elaseMakedoni. Phofu ke, mawethu, ndiyanikhuthaza ukuba niqhubele phambili ukwenjenjalo.

11Nokuba yintoni na imeko ibhongo lenu malibe kukuhlala ngoxolo, ningagxuphuleki kwimicimbi yabanye abantu. Philani kukubila kwamabunzi enu njengoko ndandiniyalele.

12Ngale ndlela ke nabo bangakholwayo baya kutsho banihloniphe; futhi ke ningaxhomekeki mntwini ngeentswelo zenu.

Ukubuya kweNkosi

13Ndithanda ukunicacisela, mawethu, mayela nâbo bangasekhoyo, ukuze ningabi lusizi njengabantu abangenathemba.

14Kaloku siyakholwa ukuba uYesu wafa, wabuya wavuka. Ngokukwanjalo ke nâbo bafe bemanywe noYesu uThixo uya kubabuyisa kunye noYesu.

15Le nyaniso ndinixelela yona lilizwi leNkosi: Thina baya kuba besaphila ngemini yokubuya kweNkosi asiyi kufumana nto bangayi kuyifumana abo bangasekhoyo.

16Liya kuhlokoma ilizwi lesiphatha-zithunywa, sivakale nesandi sexilongo likaThixo, ize iNkosi ngokwayo ihle ezulwini. Bothi abo bafa bemanywe noKrestu bavuke kuqala,

17nathi ke baya kuba besaphila ngelo xesha sixhwilwe sidibane nabo emafini, size sihlangane neNkosi esibhakabhakeni. Ke siya kuhlala neNkosi njalo-njalo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

18Ngoko ke khuthazanani ngala mazwi.

1 KwabaseTesalonika 5

1Mawethu, akukho mfuneko yakuba ndinibhalele mayela namaxesha namathuba.

2Kaloku nazi kakuhle ukuba iMini yeNkosi ifika njengesela eliza ngobusuku.

3Ngelo xesha akuyi kusinda mntu, kuba lo gama kanye abantu bathi lixolile, bakhuselekile, lifika ngequbuliso ishwangusha kubo, kanye njengentlungu eviwa ngumfazi oza kuzala.

4Ke nina, mawethu, anihambi emnyameni. Loo mini ke ayimelwe kunifikela ngebhaqo ngokwesela.

5Nina ningabantu bokukhanya, abantu abahamba emini. Thina asibantu bahamba ngobusuku, emnyameni.

6Masingalali buthongo ke thina njengabanye abo; masiphaphe, singanxili.

7Kulalwa ebusuku ngabalalayo; kunxilwa ebusuku ngamanxila.

8Ke thina bantu bahamba emini masinganxili, koko masambathe ukholo nothando njengesikhuselo-sifuba, sithwale ithemba lokusindiswa njengomnqwazi wokukhusela intloko.

9Kuba kaloku uThixo akasinyulelanga ingqumbo, usinyulele ukuba sizuze usindiso ngoYesu Krestu iNkosi yethu,

10owasifela ukuze sihlale kunye naye, nokuba silele nokuba asilele.

11Ngoko ke, njengoko senenjenjalo kakade, khuthazanani, nakhane omnye nomnye.

Isiphetho nombuliso

12Ndiyanicenga, mawethu, babekeni abo babulaleka ngenxa yenu, betyunjwe yiNkosi ukuba banikhokele baniqeqeshe.

13Bahloneleni nibathande ngenxa yomsebenzi abawenzayo. Nina hlalani ngoxolo omnye nomnye.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Ndiyanibongoza, mawethu, bakhalimeleni abanxaxhayo, nibakhuthaze abatyhafileyo, nibasekele ababuthathaka, nibaphathe ngomonde xa bebonke.

15Makungabikho bani ubuyekeza ububi ngobubi, kodwa maxa onke zamani kangangoko ninako ukulungiselelana, nibanceda bonke abantu.

16Vuyani maxa onke,

17nithandaze njalo-njalo.

18Nakuyiphi na imeko bulelani. UThixo uthanda ukuba nenjenjalo njengokuba nimanywe noKrestu Yesu nje.

19UMoya oyiNgcwele sanukumminxa;

20ilizwi elivela eNkosini sanukulidela.

21Ziphicotheni zonke izinto, nize ninyamekele leyo ilungileyo.

22Nayiphi na into embi yityesheleni.

23Wanga ke uThixo osinika uxolo anganenza nyulu ngeendlela zonke, anigcine ngokupheleleyo, umoya nomphefumlo nomzimba, ningabi nabala ekufikeni kweNkosi uYesu Krestu.

24Uthembekile lo unibizayo; uya kuyenza yonke le nto.

25Nathi sithandazeleni, mawethu.

26Wabuliseni ngokwamakholwa onke amawethu.

27Ndiyaniyala ngegunya leNkosi ukuba le leta niyifundele onke amakholwa.

28Lwanga ubabalo lweNkosi yethu uYesu Krestu lungahlala nani.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2 KwabaseTesalonika

2 KwabaseTesalonika 1

Isingeniso

1Kubhala mna Pawulos, ndikunye noSilas noTimoti. Ndibhalela ibandla likaThixo wethu elimanywe neNkosi uYesu Krestu eliseTesalonika.

2Ndithi: Wanga uThixo uYise neNkosi uYesu Krestu anganenzela isisa, aniphe uxolo.

Umgwebo xa kufika uKrestu

3Kufanelekile ukuba simbulele uThixo ngawo onke amaxesha ngenxa yenu, mawethu. Ewe, kulunge kanye ukuba simbulele ngenxa yokuba ukholo lwenu luya lusanda ngokwanda. Yaye nokuthandana kwenu kuya kukhula ngakumbi nangakumbi.

4Yiyo loo nto ke nilibhongo lethu esihamba siqhayisa ngalo kwamanye amabandla kaThixo. Kaloku nina ninomonde, nimi ngxishi elukholweni naphantsi kweentshutshiso enikuzo, kwakunye neenzingo enizithweleyo.

5Yonke ke loo nto ibonakalisa ukuba uThixo ugweba kakuhle. Kaloku ngenxa yezi nkxwaleko nizithweleyo uThixo uya kunenza nikufanele ukulawulwa nguye.

6Kulunge kanye ukuba uThixo asiphindezelele, abavise iinzingo abo banicinezelayo,

7aze kuni nina nitsala nzima, nakuthi, enze kube hele, kube chosi. Loo nto woyenza mhla ifika iNkosi yethu uYesu Krestu, ivela emazulwini, ingqongwe zizithunywa zayo ezinamandla,

8nangamadangatye omlilo. Abo bangamvumiyo uThixo yobagweba, kwanabo bangazithobeliyo iindaba ezimnandi zeNkosi yethu uYesu.

9Baya kohlwaywa ngentshabalalo yangonaphakade, basuswe phambi kweNkosi, basikwe kubuncwane bewonga layo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Kaloku ngaloo mini iya kuba ize kunikwa imbeko ngabayo, bayinqule bonke abakholwayo. Iya kuba njalo ke nakuni, kuba nani nakholwa ludaba endaniphathela lona.

11Yiyo ke le nto ndihlala ndinithandazela. Ndisoloko ndimcela uThixo ukuba anifanelise ubizo lwenu. Wanga anganipha amandla okunqwenela ukwenza okulungileyo, anigqibezelele umsebenzi eniwenze niqhutywa lukholo.

12Ngamana ke ningalidumisa igama leNkosi yethu uYesu, nani niwongwe ngobabalo lukaThixo wethu neNkosi uYesu Krestu.

2 KwabaseTesalonika 2

Okhohlakeleyo

1Mayela nokubuya kweNkosi yethu uYesu Krestu, nokuhlangana kwethu nayo: ndiyanibongoza,

2musani ukuthatheka msinya, okanye nidideke lula ngamarhe athi iMini yeNkosi isemnyango; noba kukho mntu uthi uyixelelwe ezulwini loo nto, okanye uyixelelwe ngomnye umntu, kanti noba ningade nifumane ileta engathi ivela kum isitsho, lumkani.

3Sanukuvuma nilahlekiswe mntu. Kaloku loo Mini ayinako ukufika lungakhange lubekho uvukelo-mbuso lokugqibela, andule ke ukucaca umchasi-mthetho, umfo okhohlakeleyo ochasana noThixo, omiselwe intshabalalo, avele elubala.

4Ulolona tshaba kaloku. Yena uya kuziphakamisa achase nantoni na ekuthiwa nguthixo, achase nantoni na enqulwa ngabantu, ade athathe isihlalo endlwini kaThixo, ezigwagwisa ngokuthi unguThixo ngenkqu.

5Ngaba senilibele? Kaloku ndandinixelele yonke le nto ngokuya ndandilapho.

6Ngokunjalo nani niyayiqonda into embambileyo ukuba angaveli phambi kwexesha elimisiweyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Kuba selekho kambe amandla enkohlakalo asebenza ngokufihlakeleyo. Ewe, asebenza ngokufihlakeleyo okwangoku, elinde ukuba ade emke lowo umbambezeleyo.

8Uya kuthi ke akuvela loo mchasi-mthetho, iNkosi uYesu imbulale ngelizwi layo nje kuphela, imtshabalalise ngobumenyemenye bobungangamsha bokufika kwayo.

9Ukufika kwalo mchasi-mthetho ngumsebenzi kaSathana; yaye uya kuphelekwa yimisebenzi yamandla nemiqondiso nemimangaliso yenkohliso,

10kubekho zonke iintlobo zolahlekiso ezinokwenziwa bububi kwabo baya kwantshabalalo. Ewe, baya kutshabalala, kuba kaloku bona abalwamkelanga uthando lukaKrestu nenyaniso yakhe, ukuze basindiswe.

11Ngoko ke uThixo ubayekele ngolahlekiso olusebenza kubo, ukuze bamkele ubuxoki.

12Ngenxa yale nto ke bonke abangayamkelanga inyaniso, abasuke bavuyela ukuxhamla isono, baya kugwetywa.

Ninyulelwe usindiso

13Sifanele ukuba simbulele uThixo singaphezi ngenxa yenu, mawethu athandiweyo yiNkosi. Kuba kaloku uThixo waninyula kwasekuqaleni ukuze nisindiswe ngokwenziwa nyulu nguMoya wakhe, nangokukholwa kuyo inyaniso.

14UThixo wanibiza ngeendaba ezimnandi esazishumayelayo kuni; wanibiza ukuze nifumane isabelo kubuqaqawuli beNkosi yethu uYesu Krestu.

15Ngoko ke, mawethu, yimani ningahexi kwizithethe esanifundisa zona ngomlomo nangeeleta.

16Yanga iNkosi yethu uYesu Krestu ngenkqu noThixo uBawo wethu, owasithandayo, ngesisa sakhe wasinika ukukhuthala nethemba eliyokozelayo,

17wanga angaziphuphumisa iintliziyo zenu ngenkuthalo, anomeleze ukuze nenze, nithethe, izinto ezilungileyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

2 KwabaseTesalonika 3

Sithandazeleni

1Ndiphetha ngelithi ke, mawethu, sithandazeleni, khon' ukuze ilizwi lodaba
lweNkosi likhawuleze ukunwenwa kuzo zonke iindawo, nokuze linikwe
imbeko nanjengoko kwaba njalo phakathi kwenu.

2Nam nindithandazele ukuze ndihlangulwe kubantu abakhohlakeleyo
abanobuqhokolo. Kaloku asingabo bonke abantu abalwamkelayo udaba
lweNkosi.

3Ithembekile yona kambe iNkosi. Yonikhusela inigcine kuhlaselo lwendoda
enobuqhokolo.

4Ndinithembile, nimanywe neNkosi nje, ukuba nohlala nisenza izinto
endiniyalele zona.

5Ngamana yanithundeza iNkosi, nimthande uThixo, nibe nenyameko efuze
ekaKrestu.

Umsebenzi yimfanelo

6Ndiyaniyala, mawethu, ngegunya legama leNkosi uYesu Krestu, ukuba
nizikhwebule nakubani othi ulikholwa abe engenwe ngumkhwa
wokungakhathali, nakulowo uyidelayo imfundiso yethu.

7Nazi mhlophe ukuba nina nimelwe kukuhamba ekhondweni lam. Mna
bendingavilaphi phakathi kwenu.

8Bendingenanto ndiyifumana nje mahala, ndingayisebenzelanga.
Bendisebenza nzima ubusuku nemini, endaweni yokuba ndibe ngumthwalo
kuni.

9Ewe, bendinalo ilungelo lokuyifumana kuni inkxaso, koko ndithande
ukuninika umzekelo.

10Kaloku ndandithe kuni: “Umntu olinqenerha makangaphiwa kutya.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11Le ntetho ndiyenziswa kukuba ndive ukuba abanye kuni bahlala ngokungakhathali. Akukho nto bayenzayo ngaphandle nje kokuzifaka kwimicimbi yabanye abantu.

12Bonke ke abo ndibayala egameni leNkosi uYesu Krestu, ndisithi mabaziphathe kakuhle, basebenze, bazixhase.

13Nina ke kodwa, zihlobo zam, maze ningadinwa kukwenza okulungileyo.

14Kungenzeka kubekho othe kanti uyayidela le miyalelo yale ncwadi. Ukuba ke kuthe kanti kunjalo, mqapheleni loo mntu, nimbukule phakathi kwenu, ade asidanele isimilo sakhe.

15Anditsho phofu ukuba nimthathe njengotshaba. Hayi, ze nimcenge nina, nimluleke njengomntakwenu.

Isiphetho

16Ngamana iNkosi, ekuvela kuyo yonke inzolo, ingamana inipha uxolo njalo-njalo, ngeendlela zonke. INkosi mayibe nani.

17Ndibhala ngesam isandla. Nasi ke isandla sam: Ndiyabulisa mna Pawulos.

18Ubabalo lweNkosi yethu uYesu Krestu malube nani nonke.

© 1996 Bible Society of South Africa.

1 KuTimoti

1 KuTimoti 1

Isingeniso

1Kubhala mna Pawulos umthunywa kaYesu Krestu ngokugunyaziswa
nguThixo uMsindisi wethu, noKrestu Yesu ithemba lethu.

2Ndibhalela uTimoti, unyana wam wenene ngokwaselukholweni. Ndithi:
Kuwe makulawule isisa, inceba, noxolo oluvela kuThixo uBawo, noKrestu
Yesu iNkosi yethu.

Isilumkiso ngeemfundiso zobuxoki

3Njengoko ndakuyalelayo ukuya kwam eMakedoni, nceda uhlale apho e-
Efese. Kaloku kukho abantu abaneemfundiso zolahlekiso apho, ngoko ke
banqande.

4Yitsho bahlukane neentsomi, nemilibo yokuzalwa engaphele ndawo. Kaloku
ezi zinto zikhuthaza iingxoxo ezingayi ndawo. Azikwazi ukulichaza icebo
likaThixo elaziwa ngokholo.

5Injongo yalo myalelo kukuvuselela uthando oluphuma kwintliziyo enyulu,
nesazela esihlambulukileyo, kwanokholo olungazenzisiyo.

6Abanye abantu bathe ngokuswela ezi mpawu balahleka. Beyela kwiingxoxo
ezilambathayo.

7Bazenza abafundisi bomthetho, kanti abawaqondi amazwi
abawasebenzisayo, ngokukwanjalo nakuloo mibandela bathetha ngayo
bangoozwi-lakhe.

8Siyazi ke ukuba umthetho ulungile, ukuba usetyenziswa ngendlela
efanelekileyo.

9Masikhumbule ke kodwa ukuba umthetho awenzelwa bantu balungileyo.
Umthetho wenzelwa izaphula-mthetho, nezikrelemnqa, abangcolileyo,
nabonayo, abanganquliyo, nabakhohlakeleyo, abo babulala ooyise noonina,
izigwinta,

© 1996 Bible Society of South Africa.

10nabarheletyayo, abalalana befana ngobuni, abaqweqwedisi, amaxoki, nabafunga bexoka, naye nabani na owenza into echasene nemfundiso yokwenene.

11Loo mfundiso ke ifumaneka kwezi ndaba zimnandi ndazinikelwayo ukuba ndizivakalise – uncuthu lweendaba zikaThixo onobungangamsha omakadunyiswe.

Umbulelo ngenxa yenceba kaThixo

12Ndiyambulela uKrestu Yesu iNkosi yam, ngokundinika amandla okuwenza umsebenzi wam. Ndiyambulela kuba endibone ndifanelekile ukuba ndimiselwe ukumsebenzela.

13Undalathile nangona ndandimngcikiva, ndimtshutshisa, ndimthuka. UThixo waba nenceba kum, kuba ndandingakholwa; ngoko ke ndandingayazi into endiyenzayo.

14Ngesisa sayo iNkosi yandibabala, yandipha ukholo nothando, esizifumana ngokumanywa noKrestu Yesu.

15Nanga amazwi athembekileyo, afanele ukwamkelwa: UKrestu Yesu weza emhlabeni ukuze asindise aboni; ndingobalaseleyo ke mna.

16Kodwa kungenxa yesi sizathu kanye ukuba uThixo andenzele inceba, ukuze umonde kaKrestu Yesu ubonakale ngokupheleleyo ngam. Undibizile, nangona ndingobalaseleyo nje umoni, ukuze ndibe ngumzekelo kubo bonke abasaza kukholwa kuye bafumane obona bomi bungenasiphelo.

17Kuye uKumkani ongunaphakade, yena ongagugiyo, ongabonwayo, uThixo yedwa – kuye makubekho isidima nobungangamela kude kube ngunaphakade kanaphakade! Amen.

18Lo myalelo ndiwunika wena, Timoti, nyana wam, ngokwamazwi awodwa âvela kuThixo ethethwa ngawe mandulo. Ngoko ke loo mazwi makabe sisixhobo sakho edabini,

© 1996 Bible Society of South Africa.

19uxhobe ngokholo nangesazela esihlambulukileyo. Ngokudela isazela,
abanye abantu balutyumza okweselwa elinamasi ukholo lwabo.

20Phakathi kwabo ndingabalula uHimeniyo noAlesandire, esendide
ndabanikela kuSathana, ukuze baqeqeshwe bakuyeke ukunyelisa.

1 KuTimoti 2

Umthandazo webandla

1Kuqala, ndiqononondisa ndisithi: izicelo, imithandazo, izikhungo,
nemibulelo,

2mazenzelwe bonke abantu. Iinkosi nabasemagunyeni bonke
mabathandazelwe, ukuze kubekho inzolo noxolo ehlabathini, sihlale
ngokoyika nangokuhlonela uThixo.

3Yinto elungileyo nekholekileyo leyo kuThixo, uMsindisi wethu,

4ofuna ukusindisa bonke abantu, baze bafikelele ekuyazini inyaniso.

5Kaloku mnye uThixo, ukwamnye nalowo ungumxolelanisi kaThixo nomntu.
NguKrestu Yesu ongumntu ncakasana,

6owazenza intlawulelo yenkululeko yoluntu luphela. Wayingqinela injongo
kaThixo kanye ngexesha elifanelekileyo, ngokwenjenjalo.

7Mna ke ndalathwa ukuba ndibe sisigidimi sokufundisa iintlanga ukholo
nenyaniso. Andixoki; ndinyanisile.

8Ngoko ke ngumnqweno wam ukuba imithandazo yenziwe ngamadoda
emabandleni onke, ethandaza ephakamise izandla ngeenjongo ezimsulwa,
engahambisani neengxabano nomsindo.

9Abafazi bona mabandileke, banxibe ngesidima, bathozame; iinwele
bangazihombisi ngokugqithisileyo. Mabangayokozeli ngamaso egolide,
nawamatye exabiso, bawunduzelise ngeelokhwe zeendleko.

10Ndaweni yaloo nto mababe nemisebenzi emihle efanele amakhosikazi
abanga igama lobuKrestu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11Umfazi makabe ngumfundi othe cwaka onentobeko.

12Andimvumeli ukuba abe ngumfundisi; andithandi nokuba aphathe amadoda; hayi, makathi cwaka.

13Andithi kanene nguAdam owadalwa kuqala, kwaza kwalandela uEfa?

14AsingoAdam owakhohliswayo, yaba ngumfazi owavuma inkohliso, waza wawa esonweni.

15Kambe ke wosindiswa ngokuzala ukuba uthi rhoqo ukuhlala elukholweni, nothando, nobungcwalisa, ezinzile ngengqondo.

1 KuTimoti 3

Abakhokeli bebandla

1Liyinene eli lizwi lithi: “Ukunqwenela ukuba yinkokheli ziinjongo ezibalulekileyo.”

2Ngoko ke inkokheli mayibe ngumntu ongenabala; mayibe ngumntu onomfazi omnye, ozinzileyo ngengqondo, oyingcathu; abe ngonocwangco, onobubele ekhaya, okwaziyo ukufundisa;

3engelilo inxila, okanye ocaphuka msinya, kodwa onobulali, ethanda inzolo; mayingabi ngoyinyolukeleyo imali.

4Kufuneka ibe ngumntu okwaziyo ukulawula usapho lwakhe, ethotyelwa ngabantwana bakhe, umntu ovunyiweyo ngesimilo.

5Kaloku umntu owoyiswayo kukulawula usapho lwakhe, angalilawula njani ibandla labantu bakaThixo?

6Kufuneka ingabi ngumntu osandul' ukuguquka, hleze athiwe lwale likratshi, aze agwetywe njengoSathana.

7Makabe ngumntu ohlonitshwayo ngabangakholwayo, ukuze angabi sesichengeni sehlazo, eyele kwimigibe kaSathana.

Abancedisi

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Nabo abancedisi mababe ngabantu abasimilo sihle, benyanisekile; bengengawo amanxila okanye izinyolunyolu zemali.

9Kufuneka babe ngamadoda azinikele ngokupheleleyo kwinyaniso yokholo, engenasazela nganto.

10Nabo kwanjengabakhokeli, mabaphicothwe kuqala; ukuba ke abanabala bangeniswe emsebenzini.

11Nabafazi babo mababe ngabazimilo zihle, bengahlebi; abazinzileyo ngengqondo, bethembekile ngeendlela zonke.

12Umncedisi makabe nomfazi omnye kuphela, akwazi ukubaqeqesha abantwana bakhe, ayilawule nendlu yakhe iphela.

13Abancedisi abawenza ngokufanelekileyo umsebenzi wabo, bazuza iwonga nelungelo lokuthetha ngesibindi kwimicimbi kaKrestu Yesu.

Imfihlelo enkulu

14Le leta ndiyibhala ndinethemba lokuza kukubona kamsinya.

15Kodwa ke ukuba ndibambezelekile woyifunda kule leta indlela abafanele ukuziphatha ngayo abantu endlwini kaThixo, ibandla likaThixo ophilayo, intsika exhasa inyaniso.

16Inkulu ngokungenambaliso imfihlelo yonqulo lwethu. Kaloku uKrestu Yesu: Wavela ngesimo sobuntu waza wangqinelwa nguMoya, wabonwa zizithunywa zezulu. Washunyayelwa ezizweni, wamkelwa lihlabathi, waza wawongwa ezulwini.

1 KuTimoti 4

Abafundisi bobuxoki

1UMoya uxela ngokucacileyo ukuba kumaxesha ezayo abanye abantu baya kululahla ukholo, balandele imimoya yenkohliso, bathobele iimfundiso zeendimoni.

2Ezo mfundiso ziya kuza nabantu abangamaxoki, abazazela ziphawulwe ngophawu lukaSathana.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3Bayawuchasa umtshato, banqande abantu ekutyeni uhlobo oluthile lokutya. Kambe ke oku kutya kudalwe nguThixo, ekwenzela ukuba kwamkelwe ngombulelo ngabo bakholwayo, bayaziyo inyaniso.

4Kaloku yonke into edalwe nguThixo ilungile. Makungabikho icalulwayo ke, xa yamkelwe ngombulelo.

5Kuba kaloku ngelizwi likaThixo ndawonye nomthandazo, iyamkeleka loo nto kuThixo.

Isicaka esilungileyo sikaYesu Krestu

6Woba usisicaka esikholekileyo sikaYesu Krestu xa uwanika le mfundiso amakholwa. Nawe wokondleka emoyeni ngamazwi okholo nawemfundiso yenyaniso oyilandelayo.

7Wena uze uchasele kude lee kwezo ntsomi zifanele ukwenziwa ngamaxhegokazi. Hlala uzilungiselela inkonzo kaThixo.

8Ewe, umthàmbo owenzelwa ukolula amalungu omzimba unendawo yawo. Kodwa ke uphelele apho. Kanti kona ukukhonza uThixo kunenzuzo egqithileyo, kuba akuthembisi bomi balapha kuphela, kuthembisa nobelizayo.

9Athembekile la mazwi; afanelwe kukwamkelwa ngokupheleleyo.

10Ndithetha ukuthi sisebenza nzima nje sibulaleka kungokuba sibeke ithemba kuThixo ophilayo, onguMsindisi walo lonke uluntu, ingakumbi abo bakholwayo.

11Zigcine, uzibethelele emfundisweni yakho ezi ndawo.

12Musa ukuvuma ukudelwa ngabantu ngenxa yokuba usemncinci. Yiba ngumzekelo kuwo onke amakholwa, ngentetho yakho, ngokuziphatha, ngothando, ngentembeko, nangobunyulu.

13Hlala ubafundela iziBhalo, ushumayela, ufundisa, ndide ndifike apho.

14Uze ungadlali ngesipho sikaThixo osifumene ngenxa yamazwi awodwa âvela kuThixo xa wawubekwa izandla ngamadoda amakhulu ebandla.

© 1996 Bible Society of South Africa.

15Zetyise ezi ndawo, ungene nzulu kuzo, ukuze icace kuye wonke ubani
inkqubela yakho.

16Yinyamekele into oyenzayo, uyinyamekele nemfundiso yakho. Yithi rhoqo
uyigcine le miyalelo, ukuze ngokwenjenjalo usinde, usindise nabo
bakuphulaphulayo.

1 KuTimoti 5

Ukuziphatha komalusi webandla

1Ungaze uthethe rhabaxa nomntu omdala kunawe. Thetha naye ngokungathi
uthetha noyihlo. Abafana abanganeno kuwe bathathe njengabaninawe,

2abafazi abadala njengonyoko. Phakathi kwabafazana ziphathe nyulu
njengakoodade wenu.

3Bahlonele abahlolokazi; ndithetha abahlolokazi ngenene.

4Ukuba umhlolokazi unabantwana okanye abazukulwana mabafunde
ukwenza iimfanelo zabo ekhaya kuqala, baze ngokwenjenjalo babuyekeze
abazali babo, bamkholise noThixo.

5Kodwa umfazi ongumhlolokazi nene-nene ongenabani, ithemba lakhe
ulibeke kuThixo. Uthandaza ubusuku nemini ecela uncedo lukaThixo.

6Kanti ke umhlolokazi ozinikezele eziyolweni nasebumnandini, sewafayo
naxa ngathi uhleli nje yena.

7Baxelele ngezi zinto abahlolokazi, ukuze bangabekwa bala.

8Umntu ongazikhathaleleyo izizalwane zakhe, ingakumbi ezihlala naye,
selelulahlile ukholo, ungcole ngaphezu kwabangakholwayo.

9Ubhaliso lwabahlolokazi lwenzelwa abo bangaphezu kwamashumi
amathandathu eminyaka ubudala. Ngaphezu koko kufuneka babe
babenyanisekile emadodeni abo,

10bedumile nangemisebenzi emihle: ingqeqesho ebantwaneni, ukuphatha
kakuhle iindwendwe emizini yabo, ukuhlamba iinyawo zabantu bakaThixo,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ukuvelana nabasezingxakini, nokuzimanya kwiindidi ngeendidi zemisebenzi emihle.

11Abahlolokazi abasebatsha uze ungababhalisi bona. Kaloku kuthi wakubavukela umnqweno bafune ukwenda, bamfulathele uKrestu,

12baze ke babe netyala ngokwaphula isithembiso.

13Ngaphandle kwaloo nto baziqhelisa nokuchitha ixesha behamba bejikeleza emizini, bagqibele benolwimi, behamba bethetha ngezinto zabantu.

14Mna ndicebisa ukuba aba basebatsha abahlolokazi mabatshate, bazale, bahlale emizini yabo, ukuze iintshaba zethu zingafumani kroba lokusinyemba.

15Kaloku sekukho abanye abahlolokazi abasebekhethe ukulandela uSathana.

16Ukuba kukho inkosikazi elikholwa enezizalwana ezingabahlolokazi mayizijonge ngokwayo, ingathwalisi ibandla umthwalo, khon' ukuze libe nako ukujonga abo bangenamntu.

17Abakhokeli abasebenza kakuhle ekuphatheni ibandla mabawongwe babonelelwe ngokwaneleyo; ngakumbi abo babulaleka ziintshumayelo nakukufundisa.

18Kaloku zithi iziBhalo: “Sukuyifaka isicheme inkabi ebhulayo.” Ziphinda kwakhona zithi: “Umsebénzi ufanelwe ngumvuzo wakhe.”

19Isimangalo esenziwa ngomkhokeli uze ungasamkeli ngele kokuba sixhaswa ngamangqina amabini namathathu.

20Abo bonayo, bangxolise ekuhleni, khon' ukuze nabanye boyike ukona.

21Ndiyakuyala phambi koThixo, noYesu Krestu, kunye naphambi kwezithunywa zakhe, ukuba uyigcine le mithetho, ungabi namkhethe.

22Uzungafan' ubeke izandla nayiphi na indoda. Zigcine nyulu, ungazidibanisi nasono samntu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

23Yeka ukumana usela amanzi odwa; thatha intwana yewayini. Yosilungisa isisu sakho, ungasoloko ukhathazwa yimpilo.

24Abanye abantu zidlula zingekakhalazelwa izinto ezimbi abazenzayo. Kanti ezabanye zihlala zifihlakele kude kube kudala beqhuba.

25Ngokukwanjalo ke nezinto ezintle abazenzayo abantu zinokubonakala. Phofu naxa zingabonakali azinako ukufihlakala kuphele.

1 KuTimoti 6

1Bonke abantu abaphantsi kwedyokhwe yobucaka mababahloniphe ngokupheleleyo abaphathi babo, ukuze igama likaThixo kunye nemfundiso yobuKrestu zingajongelwa phantsi.

2Naxa abaphathi bengamakholwa, izicaka mazingabadeli kuba bekholwa kunye. Ndaweni yaloo nto mazithembeke ngakumbi, kuba kaloku abo zibasebenzelayo banye kunye nazo elukholweni naseluthandweni.

Imfundiso yobuxoki nobutyebi benene

Shumayela ufundise ngale mibandela.

3Nabani na ofundisa imfundiso enxamnye nale, okanye ongahambisaniyo neendaba zeNkosi yethu uYesu Krestu, nemfundiso yonqulo olwamkelekileyo,

4lowo uthiwe lwale likratshi nokungazi. Ungumntu osoloko enxanelwe ukuthetha amazwi alambathayo azala ingxabano nomona, ukungevisisani nokwenyelisa, ukukrokrelana

5neengxoxo ezingaphele ndawo. Zonke ezi zinto yimikhwa yabantu abangqondo zingasebenziyo, asebelahlekene nayo inyaniso. Benza ngathi unqulo yindlela yokuzuza ubutyebi.

6Ewe kambe, unqulo luyamtyebisa umntu ukuba uyaneliswa zezo zinto anazo.

7Kaloku zange size nanto ehlabathini; ngoko ke siya kumka singaphathanga nto.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Kambe ke, ukuba sinako ukutya nempahla yokunxiba masaneliswe.

9Abo baxhinele ubutyebi beyela kwizilingo nemigibe, bathi bexinwe yiminqweno yobudenge eyingozi, batshone ebundlavinini nasekutshabalaleni.

10Ukuthanda imali yingcambu yazo zonke iintlobo zobubi. Abanye bathe ngokusukelana nayo bahola elukholweni, baza bayingxwelerha imiphefumlo yabo ngeenzingo.

Iziyalo

11Kodwa ke, wena mntu uzinikele ngokupheleleyo kuThixo, zicezele zonke ezi zinto. Phuthuma ukulungisa, unqulo, ukuthemba, uthando, ukunyamezela, nobulali.

12Kolu gqatso lokholo yenza konke okusemandleni ukuze ubufumane ubomi obungonaphakade. Ewe, kaloku wabizelwa yona le njongo, ngokuya wawusenza isivumo sokholo phambi kwamangqina amaninzi.

13Ngoku ke ndiyakugunyazisa phambi koThixo umniki bomi kuzo zonke izinto, naphambi koYesu Krestu, owenza isivumo wangqina phambi koPontiyo Pilato.

14Wuthobele umyalelo, uwuphathe nyulu ungenabala, kude kube yiMini yokubonakala kweNkosi yethu uYesu Krestu.

15Le mbonakalo uThixo uya kuyizalisekisa ngexesha lakhe elifanelekileyo – ewe, uThixo ingangamsha yengangalala elawula konke, iKumkani yeekumkani, iNkosi yamakhosi!

16Nguye yedwa ongasoze afe; uhlala kubuqaqawuli obungafikelelwayo. Akukho mntu wakha wambona nonokuze ambone. Kuye makubekho isidima nobungangamsha ngoku kude kube ngunaphakade! Amen.

17Bayale abantu abanobutyebi beli hlabathi bangaziphakamisi baqamele ngento engaqinisekanga njengemali, koko mabathembele kuThixo, kuba yena unezinwe, unako ukusenza sixhamle zonke izinto sonwabile.

© 1996 Bible Society of South Africa.

18Bakhuthaze benze imisebenzi emihle, babe zizinhanha ngemisebenzi elungileyo, babe nezinwe, babaphe abasweleyo.

19Ukuba benjenje ke boba bazigcinela indyebo eya kuba sisiseko sekamva labo. Ngokwenjenjalo bobuzuza ubomi bokwenyani.

20Wa Timoti, loo nto uyiphathisiweyo yigcine! Ziphephe iincoko eziphuthileyo zeli hlabathi, ndawonye neengxoxo ezilambathayo “zolwazi,”

21kuba abaninzi bathe beqhayisa ngalo olu lwazi, suke baluphosa ukholo. Makube sisisa kuni nonke.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

2 KuTimoti

2 KuTimoti 1

Isingeniso

1Kubhala mna Pawulos umthunywa kaYesu Krestu ngokuthanda kukaThixo,
owandithuma ukuba ndishumayele isithembiso sobomi, esinabo
ngokumanywa noKrestu Yesu.

2Ndibhalela unyana wam endimthandayo uTimoti. Ndithi: Kuwe makube
sisisa, inceba, noxolo oluvela kuThixo uYise noYesu Krestu iNkosi yethu.

Umbulelo nenkuthazo

3Ndiyambulela uThixo endimnqula ngokunyaniseka njengookhokho bam.
Ubusuku nemini ndisoloko ndikukhankanya emithandazweni yam.

4Ndithi ndakukhumbula ukulila kwakho ndinqwenele ngakumbi ukukubona,
ukuze luzaliseke uvuyo lwam.

5Ndicinga ukunyaniseka kokholo lwakho, olufana nolukanyokokhulu uLoyisi,
ngokunjalo nonyoko uYunike.Andithandabuzi ukuba ukwanjalo nawe.

6Ngenxa yeso sizathu ndiyakukhumbuza ukuba usivuselele eso sipho
wasinikwa nguThixo ukukubeka kwam izandla.

7Kuba kaloku uMoya esimnikwe nguThixo asingowobuphakuphaku, koko
uvuselela isibindi, uthando, nokuzeyisa.

8Ngoko ke sukuba nazintloni ukungqinela iNkosi, nangam mna mbanjwa
wayo. Ndaweni yaloo nto yiba nenxaxheba ezimbandezelweni ezihamba
nodaba lukaKrestu, usomelezwa nguThixo.

9Nguye owasisindisayo wasibiza ukuba sibe ngabanyuliweyo,
kungengamisebenzi yethu, kodwa ngenxa yenjongo nobubele bakhe.
Wasenzela obu bubele ngoKrestu Yesu kwantlandlolo.

10Ngoku ke butyhilekile kuthi ngokufika koMsindisi wethu uKrestu Yesu.
Kaloku yena uwaphul' iimpondo amandla okufa, waza waveza ubomi
nokungabhubhi ngeendaba ezimnandi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11UThixo wandimisela ukuba ndibe ngumbhengezi weendaba ezimnandi,
umthunywa, nomfundisi.

12Yiyo le nto ndinyamezele le meko nje. Kanti ke andoyiki nto ngaloo nto,
kuba ndiyamazi kaloku endimthembileyo. Ndimthembile kuba unako kaloku
ukuyilondoloza loo nto andigcinise yona, kude kufike loo Mini yakhe.

13Ke hlala ugcine umzekelo wemfundiso yenene owayiva ngam, uhlale
unokholo nothando, izinto esinazo ngokumanywa noKrestu Yesu.

14Yilondoloze kakuhle loo nto siyiphathisiweyo, uncedwa nguMoya
oyiNgcwele ohleli kuthi.

15Uyazi ukuba kwiphondo laseAsiya ndishiywe ngumntu wonke! Kumke nkqu
noFilego noHermogene!

16Kodwa usapho lwakwaOnesiforo lona uThixo unga angalenzela inceba.
Kaloku yena wandinceda kaninzi-ninzi xa ndandineengxaki. Zange yena abe
nazintloni ngokundihambela entolongweni.

17Wathi efika nje eRoma, wandifuna wada wandifumana.

18Wanga angenzelwa inceba ngaloo Mini yeNkosi! Ndiyayicela loo nto
eNkosini! Izinto awayendenzela zona e-Efese zaziwa nguwe ngaphezu kokuba
ndingakuxelelayo mna.

2 KuTimoti 2

Ijoni elinyanisekileyo likaKrestu

1Ke ngoko, nyana wam, yomelela ngenxa yesisa sikaThixo esisifumana
ngokumanywa noKrestu Yesu.

2Wayiva phambi kwamangqina amaninzi imfundiso yam. Loo mfundiso ke
yinike amadoda onokuwathemba, ibe ngamadoda anako ukuyifundisa
abanye.

3Yiba nenxaxheba nawe ezinzingweni njengejoni elithembekileyo likaKrestu
Yesu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Ijoni elisemsini alizixakekisi ngezinto zentlalo yemihla-ngemihla. Kufuneka
libe soloko lilinde ukuyalelwa ngumphathi walo.

5Kwakhona imbaleki ayinako ukuthiwa jize ngembasa ingayithobeli imigaqo.

6Umlimi osebenza nzima ufanelwe sisahlulo sokuqala esivunweni.

7Zigqale ezi ndawo, yaye iNkosi yokunceda uziqonde kakuhle.

8Khumbula ukuba uYesu Krestu wavuswa ekufeni, engumzukulwana
kaDavide, njengoko nditshoyo xa ndishumayela iindaba ezimnandi.

9Nditsala nzima ngenxa yokuzivakalisa. Sendide ndavalelwa entolongweni
ngathi ndisisaphula-mthetho. Kodwa lona ilizwi likaThixo alivalelekanga.

10Yonke loo nto ndiyinyamezele ngenxa yabanyulwa bakaThixo, ndinale
njongo yokuba nabo balufumane usindiso newonga elingonaphakade
ngokumanywa noKrestu Yesu.

11Athembekile la mazwi athi: “Ukuba sife simanyene naye, sodla ubomi
kwakunye naye.

12Ukuba siyanyamezela, soxhamla ukulawula kwakunye naye. Ukuba
siyamkhanyela, naye wosikhanyela.

13Ukuba asinyaniseki, uhlala enyanisekile yena, kuba kaloku
akanakuzikhanyela yena siqu.”

Isicaka esivunyiweyo

14Hlala ubakhumbuza abantu, ubalumkise phambi koThixo, bangenzi
zingxoxo zixabanisayo, kuba azakhi, koko ziyabenzakalisa abaphulaphuli.

15Zama kangangoko unako ukuba ukholeke kuThixo, ube ngumntu
ongenadyudyu ngomsebenzi wakhe, uyifundisa ngokufanelekileyo inyaniso.

16Sukungena kwiincoko ezilambathayo zeli phakade, kuba abo bangena kuzo
baya bechasela kuThixo.

17Ngokunjalo nemfundiso yabo inwenwa okwesilonda esibhidlayo. Banjalo
ooHimeniyo noFileto.

© 1996 Bible Society of South Africa.

18Bayiphosile inyaniso, futhi bawawisile amanye amakholwa, besithi uvuko
lwabafileyo selufikile.

19Kodwa sona isiseko esimiswe nguThixo asigungqi, sinombhalo othi: “INkosi
iyabazi abayo,” kwanothi: “Wonke umntu olibizayo igama leNkosi
makahlukane nesono.”

20Uyabona ke, endlwini enkulu kubakho iindidi ngeendidi zezitya: ezinye
zezegolide, ezinye zezesiliva, zimbi zezomthi, ezinye zezodongwe; ezinye
zazo zixabisekile, kanti ke ezinye azixabisekanga.

21Ukuba umntu uyazikhwebula ekungcoleni abe nyulu, uya kuxabiseka,
iNkosi yakhe ibe nako ukumsebenzisa nakuwuphi na umsebenzi omhle.

22Ziphephe iinkanuko zobutsha; phuthuma ukulungisa, ukholo, uthando,
noxolo, umanyene nabo bonke abayinqula ngokunyaniseka iNkosi.

23Sukuthatha nxaxheba kwiingxoxo ezilambathayo zobudenge! Kaloku zona
isiphelo sazo yingxabano.

24Isicaka seNkosi asifanele kulwa, koko sifanele ukuba nobubele kubantu
bonke. Sifanele ukuba nemfundiso, sinomonde,

25sithantamise xa siluleka abo bachasayo. Kaloku iNkosi isenokubapha
inguquko, bayiqonde inyaniso,

26baze babuyele ezingqondweni, benze intando kaThixo, basiphephe isabatha
abebebanjiswe ngaso ngumtyholi.

2 KuTimoti 3

Imihla yokugqibela

1Kucace mhlophe ukuba imihla yokugqibela iya kuba ngamaxesha anzima.

2Abantu baya kuba ngabathandi beziqu zabo, bathande imali, bezigwagwisa,
bengoozwi-labo. Baya kunyelisa, bangathobeli bazali, bengabuleli, beluchasa
unqulo,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

3bengenabuntu, bengaxoleli mntu, behleba. Baya kuba nengcwangu, beziindlobongela, bayithiye into elungileyo.

4Baya kuba ngabangcatshi, bafane benze, benekratshi. Baya kuthanda iziyolo kunoThixo.

5Baya kulwamkela unqulo ngembonakalo, kodwa bewaphika amandla alo. Ke wena uze ungahambi nabantu abanjalo.

6Abanye babo bahamba bechwechwela imizi, bexhaphaza abafazi abangenazimilo, ababotshwe zizono zabo, beluthuzeliswa ziinkanuko.

7Aba ke bahlala befunda, kodwa abaze bafikelele ekuyazini inyaniso.

8Abantu abanje bayayichasa inyaniso kwanjengokuba uJanes noJambres bamchasayo uMosis. Aba bantu abakwazi ukuqiqa, futhi ukholo lwabo luphuthile.

9Abasoze bahambele ndawo, kuba ububhanxa babo buya kubonakala nakubani na kwanjengokuba kwaba njalo nakubachasi bakaMosis.

Isiyalo

10Kodwa ke wena, nyana wam, uze uhambe rhoqo ekhondweni lam, ngeemfundiso, ngokuziphatha, ngeenjongo, ngokholo, ngomonde, nangothando, nangokunyamezela

11ngexesha leentshutshiso, nasebunzimeni. Izinto ezandihlelayo eAntiyokwe, eIkoniyo,naseListra, uyazi ukuba ndazithwala, iNkosi indihlangula kuzo zonke.

12Kambe intshutshiso yomfikela nawuphi na umKrestu ofuna ukuhlala esoyika iNkosi.

13Kodwa zona izikhohlakali nezikrelemnqa ziya kuqhuba zisuka ebubini ziye kobungaphezulu ububi, zihamba zikhohlisa, zikhohliswa nazo.

14Ke wena yayamana rhoqo neenyaniso ozifundileyo waqinisekiswa ngazo. Khumbula ukuba uzifunde kubani na.

© 1996 Bible Society of South Africa.

15Khumbula ukuba kwausengumntwana waqhelaniswa neziBhalo eziNgcwele
ezikunika ubulumko, khon' ukuze usindiswe ngokukholwa kuKrestu Yesu.

16Sonke isibhalo sinefuthe loMoya kaThixo. Siyanceda ekufundiseni inyaniso
nokuchitha imposiso. Siyanceda ukulungisa isimilo, sinike ingqeqesho;

17ukuze lowo uzinikele kuThixo abe namandla okuwuphumeza nawuphi na
umsebenzi omhle.

2 KuTimoti 4

1Ndiyakuyala phambi koThixo noYesu Krestu oza kugweba abahleliyo
nabafileyo, xa afikayo eze kulawula.

2Lushumayele udaba, zingisa ukuluvakalisa ngamathuba alungileyo
naxakileyo. Baqononondise abantu, ukhalime, ubakhuthaze, ufundisa
ngomonde.

3Liyeza lona ixesha lokuba abantu banganeliswa konke yimfundiso emsulwa.
Bosuka balandele iingqiqo zabo, bazifunele abafundisi abaninzi
bokubafundisa izinto abazilangazelelayo.

4Baya kuyifulathela inyaniso, baphulaphule iintsomi.

5Kodwa ke wena zola; ngamaxesha onke hlala ugcisile. Khalipha xa kunzima.
Iindaba ezimnandi zihambise, uzenze zonke iimfanelo zobizo lwakho.

6Okokwam ke mna, ubomi bam sebuphalazwa njengedini; nexesha lam
lokunduluka selisongekile.

7Ndizabalazile elugqatsweni olukhulu; ngoku ndifikile entanjeni; ke lona
ukholo ndilugcinile.

8Ngoku ke sendilindelwe yimbasa, isithsaba esibonakalisa ubulungisa, eya
kundithwesa sona ngaloo Mini inkulu iNkosi, uMgwebi ogweba
engenaxanasi. Phofu ke asindim ndedwa olindelwe seso sithsaba, koko ngabo
bonke abayithandayo iNkosi eza kufika.

Imiyalezo

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Zama kangangoko unako ukuba uze kundibona ngokukhawuleza.

10Kaloku uDemas undibalekile, waya eTesalonika ngenxa yokuthanda izinto zeli lizwe. UKreske yena useGalati, yena uTito useDalmati.

11NguLuka yedwa okhoyo apha kum. Xa uzayo uze ungamshiyi uMarko, kuba uluncedo olukhulu kum emsebenzini.

12UTikikondimthume e-Efese.

13Xa uzayo uze undiphathele ingubo yam endayishiya kuKarpo eTrowa, kunye neencwadi, ingakumbi ezamanqaku.

14UAlesandire, ingcibi yezinto zekopolo, wandenza into embi. INkosi yondiphindezela kuye!

15Nawe kungakuhle umlumkele. Wayendiphikisa kakhulu kuyo yonke into endiyithethayo.

16Akuzanga kubekho namnye umntu oweza kundixhasa ukuqala kokuvavanywa kwetyala lam. Bonke bandishiya enyanyeni. Wanga akangebohlwayi ngaloo nto uThixo!

17INkosi yaba nam, yandomeleza phezu koko. Ndaba nako ukuzishumayela iindaba zayo ezimnandi, abantu beentlanga zonke bephulaphule. Yandihlangula emlonyeni wengonyama.

18Yondikhusela iNkosi kulo naliphi na ilinge lokundenzakalisa. Yondikhusela ndide ndifike kulawulo lwayo ezulwini. Huntshu-u-u! Mayibongwe iNkosi ngonaphakade! Amen.

Imibuliso

19Bulisa kuPriska nakuAkwila, nakusapho lukaOnesiforo.

20UErasto wasala eKorinte. Yena uTrofimo ndamshiya eMileto kuba wayengaphilanga.

21Nceda ufike kungekabi sebusika. OoYubhulo noPudens noLino kunye noKlawudiya bayabulisa. Onke amakholwa ayabulisa ngokunjalo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[22]INkosi mayibe nawe. Makanenzele isisa uThixo nonke.

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

KuTito

KuTito 1

Isingeniso

1Kubhala mna Pawulos osisicaka sikaThixo nomthunywa kaYesu Krestu.
Ndamiselwa ukholo lwabantu bakaThixo abanyuliweyo, nokwaziwa
kwenyaniso njengoko injalo kunqulo lwethu,

2kunye nethemba lobomi obungenasiphelo. Ewe, uThixo ongasoze axoke
wasithembisa ngobomi obungenasiphelo kwakwizizukulwana zamandulo.

3Ngoku ke uthe ngexesha lakhe elifanelekileyo wabutyhila ngokwakhe
ngokuvakaliswa kodaba lwakhe andiphathise lona ngommiselo kaThixo
onguMsindisi wethu.

4Ndibhalela uTito, unyana wam ngenene ngokwaselukholweni esidlelana
ngalo. Ndithi: Kuwe makube sisisa noxolo oluvela kuThixo uBawo wethu,
noKrestu Yesu uMsindisi wethu.

Umsebenzi kaTito eKrete

5Ndakushiya apho eKrete ngenjongo yokuba umise izinto ngendlela
efanelekileyo, ngakumbi ke ukuba umisele amadoda amakhulu kuzo zonke
iidolophu ngokomyalelo wam kuwe. Yiyo le loo miyalelo:

6Indoda leyo mayibe ngumntu ongenabala, oyindoda enomfazi omnye,
obantwana bakholwayo, bangadumi ngobundlobongela, nentswela-mbeko.

7Njengesicaka sikaThixo inkokheli mayibe ngumntu ovunyiweyo ngesimilo.
Mayingabi nguzwi-lakhe, okanye umntu onephuku; mayingabi linxila okanye
indlobongela, ingabi ngumntu olithandamali,

8kodwa makabe nobubele, ayithande into entle, abe ngozinzileyo
ngengqondo, ongenamkhethe, abe ngozinikeleyo, ezoyisa.

9Kufuneka ayithande imfundiso yodaba oluthembekileyo, ukuze abanike
imfundiso ephilileyo abaphulaphuli, akwazi ukubakhalimela abachasayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

10Ngenene baninzi abavukeli abalahlekisa abanye ngemfeketho, ingakumbi
abo basuka kwinkolo yobuJuda.

11Kufuneka ubavale imilomo abanjalo, kuba balukuhla imizi ngokufundisa
izinto ezingafanelekanga, ngeenjongo zokuzuza imali.

12Omnye umshumayeli wamaKrete wathi ukuthetha ngamawabo: “AmaKrete
ngamaxoki, ziindlobongela, ngamanqenerha nezinyolu-nyolu.”

13Ngenene loo nto yinyaniso! Ngoko ke esi sisizathu esenza kube yimfuneko
ukuba ubakhalimele ngqongqo, khon' ukuze bafumane ukholo oluphilileyo,

14endaweni yokulandela iintsomi zobuJuda nemigaqo yabantu, engumsebenzi
wabantu abayifulatheleyo inyaniso.

15Yonke into inyulu kwabo banyulu; kodwa ke akukho nto inyulu
kwabangqondo zingcolileyo, bengakholwa. Kaloku ingqiqo nezazela zabo
zingcolile.

16UThixo bayamvuma ngomlomo, kodwa bayamphika ngezenzo zabo. Iinkani
zabo zenza bangabi nako mpela ukwenza umsebenzi omhle.

KuTito 2

Imfundiso ephilileyo

1Wena ke, shumayela ngendlela engqinelana nemfundiso ephilileyo.

2Amadoda amakhulu makangabi ngomanxila; makazimaseke, abe ngcathu;
enokholo, nothando, nonyamezelo.

3Nabo abafazi abakhulu mabandiliseke, bangabi nalulwimi, banganxili
butywala, bakwazi ukufundisa,

4ukuze babonise abafazana ukuthanda abayeni babo nabantwana babo.

5Abafazana mababe ngcathu, bakwazi ukuziphatha nyulu, bakhuthale emizini
yabo, balulamele amadoda abo, ukuze bangalihlazisi ilizwi likaThixo.

6Kanti nabo abafana bafundise ukuziphatha ngobungcathu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

7Kuyo yonke into oyenzayo yiba ngumzekelo omhle kubo. Xa ufundisa, mababone ukuzimisela nokundiliseka kwakho.

8Yonke intetho yakho mayibe ngamazwi akhethiweyo, ukuze okuphikisayo akhohlwe kukuthetha, axakeke, angabi nandawo yakugxeka.

9Izicaka zifundise ukuthobela abaphathi, zibakholise kwinto yonke. Mazingaphendulani nabo,

10zingebi nokuba. Koko mazisoloko zinyanisekile, zibonakalisa intembeko, ukuze inconywe imfundiso engoThixo nangoMsindisi ngenxa yokuziphatha kwazo.

11Kaloku uThixo usibonakalisile isisa sakhe, ukuze asindise lonke uluntu.

12Ngaso safundiswa ukuzilumla kwizinto ezisahlukanisa noThixo, nakwiminqweno emibi. Sifundiswe nokuhlala singcathu sinyanisekile, nokuhlonela uThixo kobu bomi.

13Senjenjalo sikhangele ngethemba kuloo mhla aya kuvela ngawo enobungangalala uThixo wethu omkhulu, uMsindisi wethu uYesu Krestu.

14Nguye owazenza idini ngenxa yethu, wasikhupha ekudeleni umthetho. Wasenza abantu bakhe abanyulu, abalangazelela ukwenza okulungileyo.

15Zizo ke ezo iingongoma omawuzifundise, usebenzisa igunya lakho, ukhuthaza, ungxolisa. Makungabikho mntu ukudelayo.

KuTito 3

Ihambo yomKrestu

1Bakhumbuze abantu ukuba yimfanelo yabo ukuthobela abasemagunyeni nabalawulayo, kwakunye nokwenza okulungileyo ngalo lonke ixesha.

2Baxelele ukuba mabangahambi bethetha ulwimi ngabantu, behamba besilwa, koko mababe nobulali nembeko kuye wonke ubani.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

3Kaloku khumbula ukuba nathi bekhe sazizidenge, sineenkani, silahlekile. Sasibotshwe yiminqweno neziyolo zeendidi zonke. Sasihlala intlalo yasebubini, silawulwa ngumona. Sasicatshukelwa, nathi sibacaphukela abantu.

4Kodwa kuthe lakuthi tha ehlabathini uthando nobubele bukaThixo, uMsindisi wethu

5wasisindisa. Kwakungengakuba senze misebenzi mihle, kodwa kwakungenxa yenceba yakhe. Wasihlamba ngoMoya oyiNgcwele, wasizala ngokutsha, saza safumana ubomi obutsha.

6Kaloku uThixo usigalele uMoya wakhe ngobubele ngaye uYesu Krestu uMsindisi wethu.

7Ngesisa sakhe senziwe amalungisa, ukuze sixhamle obo bomi bungapheliyo sibulindeleyo.

8Athembekile loo mazwi. Iingongoma endifuna uzibethelele ke, zezi: Abo bantu bathe bafikelela ekukholweni kuThixo, kufuneka benze imisebenzi emihle – ndithetha imisebenzi eluncedo nakwabanye abantu.

9Kodwa zona iingxoxo zobuhiba uze uziphephe, neenkcukacha zeminombo, iimbambano, neengxabano ngomthetho kaMosis; zizinto ezingenamsebenzi ezo.

10Umntu odala uqhekeko mlumkise kude kube kabini, ungadlelani naye emva koko.

11Umntu onjalo unengqondo engcolileyo, selezigwebe kwangezenzo zakhe.

12Bakufika apho ooArtemas noTikiko, uze wena ukhawuleze undihlangabeze eNikopoli. Ndifuna ukuchitha ubusika khona.

13Yenza unako-nako ukulungiselela igqwetha uZenas kunye noApolo kwihambo yabo. Mabangabi nanto bayiswelayo.

14Abantu bethu bona mabafunde ukuzisebenzela iintswelo zabo, bangavilaphi nje bengenamveliso.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15Bayabulisa bonke abalapha kunye nam. Ndibulisele kubahlobo bethu abakholwayo. INkosi mayinenzele isisa.

© 1996 Bible Society of South Africa.

KuFilemon

KuFilemon 1

Isingeniso

1Kubhala mna Pawulos, umbanjwa ngenxa kaYesu Krestu, ndikunye noTimoti
umlingane wam. Ndibhalela wena mhlobo nogxa wam, Filmon,

2kunye nebandla elihlangana endlwini yakho, nodade uApiya, ngokunjalo
nogxa wam uArkipo.

3Wanga uThixo uBawo wethu kunye neNkosi uYesu Krestu anganibabala,
aniphe uxolo.

Uthando nokholo lukaFilmon

4Maxa onke ndithandaza, ndiyambulela uThixo ngenxa yakho.

5Ndiyivile kaloku indlela obathanda ngayo abantu bakaThixo, ngokunjalo
nokholo onalo kwiNkosi uYesu.

6Umthandazo wam kukuba ubudlelane bethu enkolweni bunga bungakwenza
uziqonde ngcono iintsikelelo esinazo thina bamanywe noKrestu.

7Ewe kambe, ndithathekile ndaye ndinemihlali ngenxa yothando onalo,
mfondini; kaloku abantu bakaThixo bayahlaziyeka bakuhlangana nawe.

Isicelo mayela no-Onesimo

8Ngoku ke, nakuba bendingaba nesibindi, nanjengamntu umanywe noKrestu,
sokuba ndikunyanzele ngento ofanelwe kukuyenza,

9kodwa imfobe yothando iyandinyanzela ukuba ndikubongoze. Ewe, mna
kanye Pawulos, ndilixhego nje ngoku, futhi ndikwangumbanjwa ngenxa
kaYesu Krestu,

10ndiyakubongoza ngenxa kaOnesimo, unyana wam endimzele ngokomoya,
ngoku ndilapha entolongweni.

11Kambe ebekade engento konke kuwe, kodwa ngoku uxabisekile kuwe
nakum.

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Ngoku ke nanko ndimthumela kwakuwe. Kambe ke xa wamkela yena,
wamkela mna.

13Bendingathandayo ukumgcina apha ngoku ndingumbanjwa, ukuze athathe
indawo yakho ekundincediseni ukuvakalisa iindaba ezimnandi.

14Kodwa andithandi ukuba ndenze nto ungavumanga; hayi, bendiya kuba
ndiyakunyanzela ukuba wenze into entle, kungekuba kukholekile kuwe.

15Mhlawumbi uOnesimo wahlukaniswa nawe okwethutyana, ukuze ubuye
umzuze ningasazi kwahlukana.

16Kaloku ngoku akaselokhoboka nje kuphela, ungaphezu kwekhoboka:
ungumwethu othandekayo. Yaz'ba xa exabiseke kangaka nje kum, ubeke phi
ke ukuxabiseka kuwe! Akaselokhoboka nje kuphela, ukwangumwethu
omanywe neNkosi!

17Ngoku ke, nanjengamntu undithatha njengesihlobo, naye ke mamkele
kwangalaa ndlela ubuya kundamkela ngayo nam.

18Ukuba ke kukho nto awakona ngayo okanye kukho nto akutyala yona,
libalele kum elo tyala.

19Ukukuqinisekisa ndibhala ngokwam, ndithi: Ndim mna Pawulos oya
kukubuyisela. Phofu ke akukho mfuneko yakuba ndikukhumbuze ukuba
nawe lowo ungowam, ndinebango kuwe.

20Ke, mfondini, ndiyakubongoza – kaloku sobabini simanywe noKrestu.
Ngoko ke, velana nam kulo mbandela!

21Ndibhala ndiqinisekile ukuba uza kuhlangabezana nayo iminqweno yam;
ewe, ndiyazi ukuba usenokwenza nangaphezu kwesicelo sam.

22Nantsi enye indawo: Nceda undilungiselele indawo yokuhlala apho, kuba
ndinethemba lokuba uThixo uza kuyiphendula imithandazo yenu, ndibuyele
apho kuni.

23Uyabulisa uEpafra ongumbanjwa ngenxa kaKrestu njengam;

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[24]ngokunjalo noMarko, uAristarko, uDemas, noLuka,abalingane bam.

[25]Ubabalo lweNkosi uYesu Krestu maluhlale nani nonke.

IBHAYIBHILE isiXhosa
© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

KumaHebhere

KumaHebhere 1

Isingeniso

1Amaxesha ngamaxesha mandulo uThixo wathetha nookhokho bethu
ngeendlela ezahlukeneyo ngomlomo wabashumayeli.

2Kodwa ke kula maxesha okugqibela uthethe nathi ngoNyana wakhe. UThixo
wammisela ukuba abe yindlalifa yezinto zonke, kwaye futhi ihlabathi liphela
walidala ngaye.

3Ewe, uNyana lo uphuhlisa ubungangalala bukaThixo, ibe ke yena noThixo
bangumceph' ucandiwe. Ihlabathi lixhaswe nguye ngamandla elizwi lakhe.
Uthe ke akuba elwenzile uxolelo lwezono wahlala ewongeni kwaThixo
kweliphezulu.

4Kaloku uNyana yena mkhulu kunezithunywa zezulu, kwaye ke uzuze
negama elibalaseleyo kunelazo.

UNyana mkhulu kunezithunywa

5UThixo akukho sithunywa wakha wathi kuso: “UnguNyana wam wena,
ndikuzele namhlanje;” engazange atsho nokuthi: “Ndiya kuba nguYise, yena
abe nguNyana wam.”

6Kwakhona ekuyiziseni kwakhe ehlabathini inkulu yakhe uThixo wathi:
“Mazinqule yena zonke izithunywa zikaThixo.”

7Ngokubhekiselele kwizithunywa zikaThixo kuthiwa: “Ulowenza imimoya
izithunywa zakhe, nemibane elenyayo ibe zizicaka zakhe. ”

8Kodwa uthi mayela noNyana: “Kambe, ulawulo lwakho, Thixo, àluphele
ndawo! Kwaye futhi wena ulawula ngobulungisa.

9Ungumathand' ubulungisa, uyithiyile inkohlakalo. Ngenxa yaloo nto ke,
Thixo, uThixo wakho ukuthambisile. Ewe, ukuthe jize ngesihomo nesithozela
esingaphezulu kwesoogxa bakho.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Uphinda athi: “Nguwe, Nkosi, owalidalayo ihlabathi ekuqalekeni; amazulu ênziwa zizandla zakho.

11Xa zizonke ziya kudlula, kodwa wena uhlala uhleli; ziya kuguga njengeempahla.

12Uya kuzisonga njengeengubo, zona ziya kutshintshwa njengesambatho; ube wena ungaguquki, ube wena ungagugi.”

13UThixo zange atsho nakusinye isithunywa ukuthi: “Hlala ngakum kweli wonga lo gama ndikoyisela iintshaba zakho.”

14Kakade ke ngoobani izithunywa? Zingoomoya abathunywa nguThixo, benceda abo baziindlalifa zosindiso.

KumaHebhere 2

Inkuthazo

1Kuyafuneka ke ngoko ukuba silumke, sibambelele nkqi emfundisweni esiyivileyo, hleze siluthuzeliswe.

2Kaloku ukuba udaba olweza nezithunywa zezulu lwalulukhulu kangangokuba ukulutyeshela nokuludela bekuzisa isohlwayo esifaneleyo,

3singaphuncuka njani ke thina xa siludela olungaka lona usindiso? YiNkosi ngokwayo eluvakalisileyo olu sindiso kuqala, baza ke abo bayivileyo babungqina ubunyani balo kuthi.

4UThixo ke yena wongezelela ubungqina babo ngemiqondiso, imimangaliso, nangezenzo ezibonakalisa amandla akhe, ebanika neziphiwo zikaMoya oyiNgcwele ngohlobo athande ngalo.

Umbingeleli onovelwano nothembekileyo

5UThixo kaloku akalinikanga izithunywa zakhe igunya lokulawula ilizwe elizayo – ngumxholo esithetha ngawo ke lowo.

6Kukho indawo ekubhalwe kuyo eziBhalweni kwathiwa: “Uyintoni na umntu, Thixo, le nto ude uzidube kangaka ngaye? Kutheni le nto ude uzikhathaze ngento nje engumntu?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Umbeke ngaphantsi kuhle nje kwizithunywa zakho. Umthe jize ngesihomo nesithozela.

8Umnike igunya lokulawula zonke izinto.” Ukuba ke uThixo umnike igunya lokulawula zonke izinto, akukho nanye into engekho ngaphantsi kolawulo lwakhe. Kambe ke ngenene, asikaziboni zonke izinto ziphantsi kwegunya lomntu okwangoku.

9Nanku ke kodwa uYesu. Yena wabekwa ngaphantsi kuhle nje kwizithunywa zikaThixo. Ngoku uthiwe jize ngesihomo nesithozela, kuba ngenxa yesisa sikaThixo wavuma ukufa ngenxa yoluntu lonke.

10Njengoko ke uThixo, ezikholo yena, zikho ngaye zonke izinto, ethande ukubanika iwonga abantwana bakhe abaninzi, bekufanelekile ukuba amsulungekisele ubunkokheli ngokuva ubunzima uYesu, lowo wayeza kubakhokelela elusindisweni.

11Kaloku lowo ukhaphela kuThixo kwanabo bakhatshelwayo ngabamlibo mnye. Yiyo ke le nto uYesu angenazintloni ukuthi abantu ngabantakwabo

12apho athi: “Ndolivakalisa, Thixo, igama lakho kubantakwethu; ndikudumise esidlangalaleni sabantu bakaThixo.”

13Uphinda athi: “Ndilibeka kuThixo ithemba lam;” aze aphinde athi: “Ndim lo, ndikunye nabantwana andinike bona uThixo.”

14Abantwana ke abo ngabantu. Naye ke uYesu waba ngumntu njengabo, khon' ukuze ngokufa kwakhe atshitshise igunya likaSathana lokuvuyelela abantu ngokufa.

15Ngale ndlela ke wabakhulula abantu nakwiimbophelelo zokoyika ukufa ababephantsi kwazo bonke ubomi babo.

16Ke aba abancedayo asizozithunywa zezulu, ngabantu abayinzala ka-Abraham.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Ngoko ke ubemele ukuba afane nqwa nabantakwabo, khon' ukuze abe
ngumbingeleli onovelwano nothembekileyo emsebenzini kaThixo, onako
ukungxengxezela izono zabantu.

18Kaloku yena nanjengamntu oselephumelele ebunzimeni bokulingwa, unako
ukubanceda abo basalingwayo.

KumaHebhere 3

UYesu mkhulu kunoMosis

1Ngoko ke, mawethu abiziweyo ayimilowo yendlu kaThixo, khanimjongisise
uYesu lo simvumayo thina makholwa ukuba ungumthunywa kaThixo
kwanombingeleli wethu omkhulu.

2Yena wathembeka kuThixo owammiselayo, kwanjengokuba noMosis
wayethembekile endlwini kaThixo.

3Kakade umakhi wendlu uzuza udumo kunendlu leyo ayakhileyo. Ngokunjalo
ke noYesu uzuze udumo olungaphezulu kolukaMosis.

4Indlu nganye inomakhi wayo, kodwa ke nguThixo umseki wazo zonke izinto.

5Ke yena uMosis wayethembekile endlwini kaThixo iphela, esisicaka
esasimela ukwalatha izinto ezaziza kutyhilwa nguThixo.

6Kodwa ke yena uKrestu uthembeke njengonyana endlwini yakhe. Indlu leyo
ke síthí, ngakumbi ukuba sibambelele singenadyudyu kwithemba lethu
esinebhongo ngalo.

Ukuphumla kwabantu bakaThixo

7Kungoko ke noMoya oyiNgcwele atshoyo ukuthi: “Nakuliva ilizwi lakhe
namhlanje,

8sanukuba neenkani njengakwimihla yesidube-dube entlango apho
namlingayo uThixo.

9‘Apho bandivavanyayo bandilinga ooyihlo,’ utsho uThixo, ‘nakuba yaba
ngamashumi amane eminyaka beyibona imisebenzi yam.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

10Nantso into eyandicaphukisayo kweso sizukulwana, ndaza ndathi: Basoloko besona; abaziqondi iindlela zam.

11Futhi ndada ndafunga ndinomsindo, ndathi: Abasoze bangene ekuphumleni kwam.’ ”

12Niyabona ke, mawethu, lumkani kungabikho bani kuni ukhohlakeleyo, ungakholwayo, ongumkreqi kuThixo ophilayo.

13Kambe ke, ngoku kusathiwa “namhlanje,” khuthazanani yonke imihla, ukuze kungabikho mntu uqaqadekiswa ngumtsalane wesono.

14Kaloku nathi sinobudlelane noKrestu, xa sinamathele kwada kwasekupheleni kwisivumo sethu.

15 IziBhalo xa zisithi: “Nakuliva ilizwi lakhe namhlanje, sanukuba neenkani njengakwimihla yesidube-dube,”

16zibhekisa kubani? Ngoobani abo bevayo kodwa bagwilika? Kaloku ngabo babephuma eJiputa bekhokelwa nguMosis.

17Ingoobani abo bamcaphukisayo iminyaka engamashumi amane uThixo? Ngokuqinisekileyo ngabo bonayo, abazidumbu zathi waca entlango.

18Ngoobani abo wabafungelayo uThixo esithi abasoze bangene ekuphumleni kwakhe? Wayexela abo bamvukeláyo.

19Siyabona ke ukuba ababanga nako ukungena kuba bengakholwa.

KumaHebhere 4

1Ngoko ke lumkani, hleze abanye benu baphoswe, kuba sisemi kaloku isithembiso sokungena ekuphumleni noThixo.

2Kaloku nathi iindaba ezimnandi sizivile, kanye njengabo. Kodwa bona olu daba alubenzelanga nto, kuba abo baluvileyo abalwamkelanga ngokholo.

3Kambe ke thina sikholwayo, singabo bangenayo koko kuphumla kuxelwayo xa kusithiwa: “Ndithe ke ngomsindo ndafunga ndathi: ‘Abasoze bangene

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ekuphumleni kwam.’ ” Ke wona umsebenzi wakhe uThixo wayesele wawugqiba kwasekusekweni kwehlabathi.

4Zixela loo nto ke iziBhalo xa zithetha ngomhla wesixhenxe zisithi: “UThixo waphumla ngomhla wesixhenxe akugqiba ukudala.”

5Ndiyaphinda ndithi umxholo esithetha ngawo uthi: “Abasoze bangene ekuphumleni.”

6Kucacile ke kodwa ukuba bakho bona abaya kungena. Abo babezive kuqala iindaba ezimnandi baphoswa bona kukungena ngenxa yokungakholwa kwabo.

7UThixo ke umise omnye u-“namhlanje.” Kaloku emva kweminyaka emininzi selesebenzisa uDavide; uthi: “Namhlanje nakuliva ilizwi lakhe, nize ningabi neenkani.”

8Ke ukuba uYoshuwa wabafikisa ekuphumleni, ubengathini uThixo emva koko ukuthetha ngomnye umhla?

9Usabalindele ke ngoko abantu bakaThixo omnye umhla wokuphumla.

10Nabani na kaloku ongenayo ekuphumleni noThixo, uyaphumla kwimicimbi yakhe, njengoko noThixo waphumlayo kweyakhe.

11Ngoko ke masizimisele ukuya kuphumla noThixo. Makungabikho bani ungathobeliyo, hleze naye aphulukane nokuphumla njengoko baphoswayo kuko ngenxa yokungeva kwabo.

12Ilizwi likaThixo liyaphila, liyasebenza. Libukhali ngaphezu kwekrele elibazwe macala. Lihlabanisela liye kuthi xhokro embindini, phakathi komzimba nomphefumlo, nasekudibaneni kwamathambo nomongo. Liyazihluza lizicalu-calula iingcamango neminqweno yabantu.

13Akukho nto ifihlakeleyo kuye: yonke into imi ze phambi koThixo. Silindelwe kukwenza ingxelo kuye xa sisonke.

UYesu umbingeleli omkhulu

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Ngoko ke, sinombingeleli omkhulu nje, uDabulamazulu, uYesu uNyana
kaThixo, masibambelele nkqi kwesi sivumo sethu.

15Kaloku owethu umbingeleli omkhulu ngosivelayo ebuthathakeni bethu,
kuba walingwa ngeendlela zonke njengathi, kodwa zange one.

16Masisondele ke ngoko singenadyudyu apho ahleli khona esihlalweni
sokulawula uThixo wethu onenceba; apho sakwenzelwa khona ububele
nesisa, sincedakale ngoku kuselithuba.

KumaHebhere 5

1Kaloku wonke umbingeleli omkhulu ukhethwa ebantwini, amiselwe
ukuzakuza phakathi kwabantu noThixo. Unikela izipho namadini
okungxengxezela izono.

2Uyakwazi ukubanyamezela abo bazizityhifili nabo baphazamayo, kuba
kaloku naye ngokwakhe unobuthathaka.

3Ngenxa yaloo nto ke umelwe kukunikela amadini okungxengxezela izono
zakhe kwakunye nezabantu.

4Akukho mntu uzithathelayo eli wonga; elowo ubizwa nguThixo njengoAron.

5Kunjalo ke nakuKrestu: naye akazange azithathele iwonga lokuba
ngumbingeleli omkhulu. Walinikwa nguThixo, lo wathi kuye: “Wena
unguNyana wam; namhlanje ndikuzele.”

6Kwenye indawo uthi: “Wena ungumbingeleli wodidi lukaMelkizedeki, oya
kuhlala ehleli.”

7Esadla ubomi apha emhlabeni, wayedla ngokwenza imithandazo nezicelo,
ekhala iinyembezi, ebhekisa kuThixo onamandla okumhlangula
ekufeni. Wawuva uThixo umthandazo wakhe, ngenxa yokuzimisela kwakhe
ukuthobela.

8Ngoku kanye anguNyana kaThixo, intlupheko yamnika amava okuthobela.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Uthe ke akusulungeka wenziwa umthombo wosindiso olungapheliyo lwabo
bamthobelayo,

10emiselwe nguThixo waba ngumbingeleli omkhulu wodidi lukaMelkizedeki.

Isilumkiso ngokreqo

11Zininzi iindawo ebesinokunichazela ngazo ngoMelkizedeki. Kodwa ke
kusuke kwanzima nokunithela gqabagqaba oku, kuba kaloku nisuke
naneentloko ezilukhuni.

12Benifanelwe kukuba nifundisa ngokwenu ngoku. Kodwa kusuke kwafuneka
ibe nini abafundiswayo, niqaliswe emva kwizifundo zokuqala ezingeendaba
zikaThixo. Kusuke kwafuneka nisezwe ubisi endaweni yokuba ninikwe
ukutya okuqinileyo.

13Wonke umntu osezwa ubisi lusana; akakwazi okuhle nokubi.

14Ngabantu abadala abatya ukutya okuqinileyo; bona sebenamava, bayawazi
umahluko phakathi kokuhle nokubi.

KumaHebhere 6

1Ngoko ke masizishiye iimfundiso zabaqalayo, siqhubele phambili kwezo
zamakholwa akhulileyo. Masingabi saphindela emva, sibeka iziseko
zokukholwa kuThixo, nenguquko kwimisebenzi ephuthileyo esasiyenza,

2sifundisa ngobhaptizo, nokubekwa kwezandla, ngokuvuka kwabafileyo,
nomgwebo ongunaphakade.

3Emandleni eNkosi siya kuyenza ke loo nto.

4-6Abantu ababekhe balungcamla ukhanyiselo, basiva isipho sasezulwini,
baba nenxaxheba kuMoya oyiNgcwele, bakuva nokulunga kwelizwi likaThixo
namandla ephakade elizayo, baza ke bakreqa, kungangenkankulu ukuba
babuye baguqulwe. Kaloku kwabona baphinde bamxhoma uNyana kaThixo,
bamenza isigculelo nentlekisa.

7Intsimi ezifunxayo iimvula ezinayo, ize ivelise isivuno esimkholisayo
umniniyo, iyathamsanqelwa nguThixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

8Kanti ke esuka ivelise ukhula nameva ayinto yanto, iphuthile, ifanelwe ngumlilo.

9Zihlobo zam ezithandekayo, nakuba ndithetha ngolu hlobo nje, ndeyisekile kukuba nikwimeko efanelekileyo elusindisweni.

10Kaloku yena uThixo akalotshijolo: akazange awulibale umsebenzi eniwenzileyo ngenxa yakhe, nothando enilubonakalise ngokulungiselela abantu bakhe – msebenzi lowo nisawuqhubayo unangoku.

11Umnqweno wam kukuba nonke ngabanye ninga ningaqhubela phambili, nilubonakalisa olo langazelelo, lide lizaliseke ithemba lenu.

12Andinqweneli ukuba nibe ngamanqenerha, koko ndifuna ukuba nilinganise abo bathe ngokholo nomonde balidla ilifa lezithembiso.

Isithembiso sikaThixo

13UThixo xa wayesenza isithembiso kuAbraham wazifunga kwayena; kaloku kwakungekho bani mkhulu kunaye wayengamfungayo.

14Wenjenje ukuthetha: “Ndiya kukunisela amathamsanqa, sande sibe yinyambalala isizukulwana sakho.”

15Ngenxa yomonde uAbraham wasizuza eso sithembiso.

16Abantu xa befunga, bafunga lowo mkhulu kunabo; futhi ke isifungo siyayinqanda impikiswano.

17NoThixo ke, xa wayefuna ukucacisela iindlalifa zesithembiso sakhe ukungaguquki kwenjongo yakhe, wasebenzisa isifungo.

18Nâzo ke izinto ezimbini ezingenakujikwa – isifungo nesithembiso – ibe ke noThixo akanakuxoka. Ngoko ke thina basindileyo siyakhuthazwa ukuba sibambelele nkqi kweli themba liphambi kwethu.

19Eli themba ke liyintsika yobomi bethu. Liyasikhusela, futhi lisisiqinisekiso. Lingena liye kutsho ngaphaya komkhusane,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[20]apho uYesu aye kungena khona njengovulindlela omele thina. Kaloku yena ungumbingeleli wodidi lukaMelkizedeki oya kuhlala ehleli.

KumaHebhere 7

Omnye umbingeleli onjengoMelkizedeki

[1]UMelkizedeki lo ke wayengukumkani waseSalem, engumbingeleli kaThixo uPhezukonke. UAbraham wathi evela edabini apho wayoyise ookumkani, wadibana noMelkizedeki owasuka wamsikelela.

[2]Ke yena uAbraham wamnika isishumi sawo onke amaxhoba. Eli gama linguMelkizedeki lithetha “ukumkani wobulungisa”. Kanti ke futhi ukwangukumkani waseSalem, oko kukuthi “ukumkani woxolo”.

[3]UMelkizedeki lo ke akanayise nanina, namlibo wakuzalwa. Asaziwa isiqalo nesiphelo sobomi bakhe. Ufana noNyana kaThixo: uhlala engumbingeleli nanini-nanini.

[4]Kucacile ke ukuba mkhulu, kuba nokhokho wethu uAbraham wanikela isishumi samaxhoba kuye.

[5]Isizukulwana sikaLevi esingababingeleli siyagunyaziswa ngumthetho ukuba sithathe isishumi ebantwini, oko kukuthi kumawabo, nangona nawo ekwayinzala ka-Abraham.

[6]UMelkizedeki akayiyo inzala kaLevi, kodwa nakuba kunjalo wathatha isishumi kuAbraham, waza wamsikelela; ngoko ke wasikelela umntu owanikwa izithembiso nguThixo.

[7]Yinto engenakuphikwa ke ukuba osikelelayo mkhulu kunosikelelwayo.

[8]Ngokwesiko lababingeleli izishumi zithathwa ngabantu abafayo, kanti ke yena uMelkizedeki uthathe izishumi engongqinelwa naziziBhalo ukuba ungophilayo.

[9]Ngoko ke singatsho ukuthi uLevi, nakuba zinikwa yena nje izishumi, kodwa wanikela izishumi ngoAbraham.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Kuba kaloku wayesesesinqeni sika-Abraham, ukudibana kwabo noMelkizedeki.

11AmaSirayeli ukunikwa kwawo umthetho wawusekelwe ngobubingeleli bakwaLevi. Ke, ukuba ababingeleli babaLevi babegqibelele, ngekungabangakho mfuneko yakuba kuvele mbingeleli wumbi, nokwenza ingumbingeleli wodidi lukaMelkizedeki, ingelulo oluka-Aron.

12Ngoko ke ukuguqulwa kobubingeleli kuveze imfuneko yokuba uguqulwe nomthetho.

13Kaloku uYesu, lo kuthethwa ngaye apha, uphuma kwenye indlu, apho kungekho mntu wakha walungiselela eqongeni lamadini.

14Iyaqondakala into yokuba iNkosi yethu yeyendlu kaJuda, ibe ke uMosis akazange ayikhankanye le ndlu malunga nobubingeleli.

15Ngoku lo mcimbi ucaca ngakumbi, kuba kuvele mbingeleli wumbi ungowodidi lukaMelkizedeki.

16Ububingeleli akabuzuzanga ngokwemigaqo nomthetho wabantu, koko ubufumene ngamandla obomi obungayi kuze bunqanyulwe.

17Kaloku iziBhalo zithi: “Uya kuba ngumbingeleli wodidi lukaMelkizedeki ohlala ehleli.”

18Lowa wokuqala umthetho udedisiwe ngenxa yokuba ungenamandla, usoyiswa.

19Umthetho kaMosis ubungakwazi kusulungekisa nto. Ngoku ke kuvezwe ithemba elingcono elisisondezayo kuThixo.

20Ngaphezu koko, ngoku kukho nesifungo sikaThixo; ukanti akuzange kubekho sifungo ukumiselwa kwabanye ababingeleli.

21Kodwa ke kulo mbingeleli unguYesu kwenziwa isifungo, njengoko zisithi iziBhalo: “Ifungile iNkosi, futhi ayiyi kujika: ‘Ungumbingeleli ngonaphakade.’ ”

© 1996 Bible Society of South Africa.

22Ngoko ke uYesu usisiqinisekiso somnqophiso ongcono.

23Ababingeleli bokuqala bona babemiselwa balandelelane, kuba kaloku babesifa, bengenako ukuhlala behleli emsebenzini wabo.

24Kodwa bona obukaYesu ububingeleli abupheli, kuba yena uhlala ehleli ngonaphakade.

25Esi sisizathu esibangela ukuba abe nako ukubasindisa ngokupheleleyo abo beza ngaye kuThixo, njengoko ehlala ehleli ebathethelela.

26Ngoko ke uYesu ngoyena mbingeleli mkhulu ukwaziyo ukuhlangabezana nemeko yethu. Ungcwele, akanasici, enyulu; futhi wahlukanisiwe naboni, wanyuselwa ezulwini.

27Yena akafani nabanye ababingeleli. Akukho mfuneko yakuba asondeze amadini mihla le, ngenxa yezono zakhe nangenxa yezono zabantu. Wasondeza idini kwaba kanye qwaba, ukuzinikela kwakhe.

28Umthetho kaMosis wona umisela abantu ababuthathaka ukuba babe ngababingeleli abakhulu. Kodwa sona isithembiso sikaThixo esinesifungo – eso sifike emva komthetho – simisele uNyana ohlala esulungekile nanini nanini.

KumaHebhere 8

UYesu umbingeleli womnqophiso omtsha

1Nguwo lo ke umongo wentetho yam: Sinongako ke ukuba mkhulu umbingeleli, ohleli ewongeni kunye neNgangalala yezulu!

2Ungena kweyona ingcwele indawo, intente eyakhiwe nguThixo, ingengabo abantu.

3Wonke umbingeleli omkhulu umiselwe ukunikela izipho namadini. Nalo wethu umbingeleli umelwe kukuba nento ayinikelayo.

4Ukuba ubelapha emhlabeni, ubengayi kuba ngumbingeleli konke. Kaloku apha bakho ababingeleli abanikela izipho ngokumiselwa ngumthetho kaMosis.

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Phofu bona into abayenzayo ingumfuziselo nesithunzi nje sento yokwenene esezulwini. Wayexela loo nto uThixo ngamazwi awawabhekisa kuMosis, xa wayeza kwenza intente: “Qaphela ukuba yonke into uyenze ngokomzekelo owawuwuboniswe entabeni.”

6Ke yena uYesu unikwe ububingeleli obuphakamileyo kunobabo. Kanti ke nomnqophiso awuzakuzelayo phakathi koThixo nabantu ukwamkhulu, ngenxa yokubaluleka kwezithembiso osekelwe phezu kwazo.

7Ukuba ubungenagxeke umnqophiso wokuqala, bekungayi kubakho mfuneko yokuba ithathwe ngomnye indawo yawo.

8Kodwa ke uThixo uyabagxeka; uthi: “ ‘Kuza imihla,’ itsho iNkosi, ‘apho ndiya kwenza umnqophiso omtsha namaSirayeli kunye nabantu bakwaJuda.

9Ngumnqophiso ongayi kufana nondawenzela ooyise-mkhulu, mhla ndabakhokela ndibakhupha eJiputa. Bayidela imimiselo yomnqophiso, nam ke ndabafulathela,’ itsho iNkosi.

10‘Nguwo lo ke umnqophiso endiya kuwenza namaSirayeli kwimihla ezayo,’ itsho iNkosi: ‘Ndoyifaka ezingqondweni zabo imiyalelo yam, ndiyishicilele ezintliziyweni zabo, ndibe nguThixo wabo, bona babe ngabantu bam.

11Abayi kuba safundisana ngam elowo umntakwabo, elowo ummelwane wakhe, besithi: “Yazini iNkosi;” kuba bonke baya kundazi ukususela koyena mncinane kuse koyena mkhulu.

12Ndiya kubenzela inceba kwizikreqo zabo, ndingabi sazikhumbula iziphoso zabo.’ ”

13Xa ke uThixo ethetha ngomnqophiso omtsha, loo nto ithetha ukuba uthi umnqophiso wokuqala ugugile, seluphelelwe, uza kutshitsha kwakamsinya.

KumaHebhere 9

Ukufika komnqophiso omtsha

1Umnqophiso wokuqala wawunemimiselo eyayenzelwe unqulo. Wawunaso nesicamagushelo esasenziwe ngabantu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Kaloku kwakukho intente eyenziweyo; igumbi layo lokuqala kwakusithiwa yindawo engcwele. Kulo kwakukho indawo yokubeka isibane, kukho netafile, kunye nesonka esinikelwe kuThixo.

3Emva komkhusane wesibini kwakukho elinye igumbi. Le ndawo yona kwakusithiwa yeyona ndawo ingcwele.

4Apho kwakukho iqonga legolide, elaliyindawo yesiqhumiso. Kwakukho netyesi yomnqophiso eyayiqatywe ngegolide. Ngaphakathi kuyo kwakukho isitya segolide esasiphethe imana, kukho nenduku ka-Aron eyakha yantshula amagqabi,kukwakho namacwecwe omnqophiso.

5Ngaphezu kwaloo tyesi kwakundanda imifanekiso yezithunywa ezimaphiko ezibonakalisa isithozela nendili kaThixo, ithe naa amaphiko ngaphezu kwendawo yokucamagushela. Andizi kunika ncukacha ke ngalo mba.

6Ngokwale nkqubo, ababingeleli babesoloko bengena kwelokuqala igumbi, baqhube khona iinkonzo zabo.

7Kodwa kwelesibini igumbi kwakungena umbingeleli omkhulu kuphela, kanye ngonyaka. Naye kwakufuneka ephethe igazi aza kungxengxezela ngalo izono zakhe kwakunye nezo abantu bazenze bengaqondi ukuba bayona.

8UMoya oyiNgcwele ubonisa ngokucacileyo ukuba ngale nkqubo, xa kusekho igumbi lokuqala, ayikatyhilwa indlela eya kweyona ingcwele indawo.

9Yonke le nquleqhu yayingumfuziselo nje wala maxesha sikuwo. Loo minikelo naloo madini amiselweyo akanako ukuyenza ifezeke intliziyo yomnquli.

10Ngamatile-tile nje lawo aphathelele kwizinto ezityiwayo neziselwayo, nentlambuluko yangaphandle – yimimiselo nje ekhoyo kude kufike ixesha lenguqulelo entsha.

11Kodwa selefikile ngoku uKrestu, umbingeleli omkhulu wezinto ezintle ezikhoyo. Intente angena kuyo yena inkulu, iyayigqwesa eyomnqophiso

© 1996 Bible Society of South Africa.

wokuqala. Yona ayenziwanga mntu. Ndithetha ukuthi asiyiyo yeli hlabathi lidaliweyo.

12Igazi ledini asililo leebhokwe namathole, ligazi lakhe buqu. Kungoko ke wangenayo kwaba kanye kuphela kweyona ingcwele indawo, wasizuzela inkululeko yamaxesha onke.

13Ukuba kaloku kwakusenzeka ukuba abantu bahlanjululwe izisihla ngokutshizwa ngegazi leebhokhwe neleenkomo nangothuthu lwethokazi,

14ingakanani ke yona inkululeko esiyifumana ngegazi likaKrestu? Yena wazinikela kuThixo emsulwa, ngoMoya ongunaphakade, wazenza idini. Ligazi lakhe eliya kuzihlambulula ezethu izazela emisebenzini efileyo, lisenze sikulungele ukukhonza uThixo ophilayo.

15Ngoko ke yena uKrestu ungunozakuzaku womnqophiso omtsha, ukuze abantu ababiziweyo nguThixo balizuze ilifa laphakade ababelithenjisiwe. Kaloku ngokufa kwakhe uzicimile izono ababezenzile ngexesha lomnqophiso wokuqala.

16Ke, apho kukho umyolelo kufuneka icace into yokuba umyoleli ufile.

17Kaloku umyolelo awusebenzi xa esaphila umyoleli; kuphela usebenza akuba efile.

18Seso sizathu ke esabangela ukuba nowokuqala umnqophiso usungulwe ngegazi.

19UMosis waqala wabavakalisela abantu yonke imiyalelo njengoko ibhaliwe emthethweni. Kamva ke walithatha igazi lamankonyana neleebhokhwe kunye namanzi, waza wathatha uboya obubomvu nobulawu, wayifefa ngegazi incwadi yomthetho ndawonye nabo bonke abantu,

20esithi: “Eli ligazi lomnqophiso aniwisele wona uThixo.”

21Kwangokunjalo wayifefa intente ababekhonzela kuyo, nazo zonke izitya ezazisetyenziswa kuyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

22Ewe, ngokomthetho phantse yonke into ihlanjululwa ngegazi; ngaphandle
kokuphalala kwegazi akukho ukuxolelwa kwezono.

23Ngoko ke ezi zinto zahlanjululwa ngolu hlobo. Kaloku zona ziyimifanekiso
yezinto zokwenene ezisezulwini. Kodwa ke zona ezo zisezulwini
zihlanjululwa ngamadini angcono.

Idini likaYesu liyazisusa izono

24Kaloku uKrestu le ndawo ingcwele angene kuyo ayenziwanga ngumntu,
futhi ayingomfanekiso; koko ungene ezulwini phakathi. Ngoku umi khona
phambi koThixo; uyasithethelela.

25Yena akaphinda-phindi ukuzinikela njengombingeleli omkhulu ongena
endaweni engcwele minyaka le negazi elingelilo nelakhe.

26Kaloku ukuba bekungenjalo ubunzima nge-ebuve kaninzi, kususela
ekusekweni kwehlabathi. Kodwa endaweni yaloo nto ungene kwaba kanye
qwaba, ekusongweni kwamaxesha, ukuze isono asisuse ngedini elinguye
buqu.

27Umntu ngamnye ufa kube kanye, emva koko agwetywe.

28Ngokunjalo ke noKrestu wanikelwa kwaba kanye ukuze athwale izono
zabaninzi. Okwesibini uya kufika engenanto yakwenza nesono, koko eze
kusindisa abo bamlindeleyo.

KumaHebhere 10

1Kaloku wona umthetho ngumazi wendlela ungayihambi; uzoba umfanekiso
nje wezinto zokwenene ezizayo. Ngamadini awo aphindwa-phindwa minyaka
le awukwazi ukubenza bafaneleke abo banqulayo.

2Ukuba ubukwazi, amadini lawo ngekukudala ayekwa. Kaloku abo banqulayo
ngebehlanjululwe kwaba kanye qha, baba nyulu, saphela nesazela ngesono.

3Kodwa, ndaweni yaloo nto, la madini abakhumbuza ngezono minyaka le.

4Kaloku igazi leenkunzi zeenkomo, neleebhokwe, alisoze lizisuse izono.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5UKrestu uthethe ngolu hlobo xa eza emhlabeni: “Wena akuwafuni amadini
neminikelo, yiyo loo nto undilungiselele umzimba.

6Akuwathandanga amadini atshiswayo nawesono;

7ndaza ndathi ke mna, njengoko kubhaliwe encwadini: ‘Ndiyeza ukuze
ndenze intando yakho, Thixo wam.’ ”

8Qaphela ke kuba uqala ngokuthi: “Wena akuwafuni amadini neminikelo;
namadini atshiswayo nawesono akuwathandi,” nakuba egunyaziswa
ngumthetho.

9Kwakhona uthi: “Ndiyeza ukuze ndenze intando yakho.” Ngoko ke uThixo
uyayitshitshisa le nkqubo yokuqala, umilisela le yesibini.

10Yile ntando kaThixo ke esenza nyulu; kaloku uYesu Krestu yena uzinikele
kwaba kanye qwaba.

11Wonke umbingeleli uma mihla le ephinda-phinda enikela amadini
angenako ukuzisusa izono.

12Kodwa uKrestu yena wenze umnikelo wamnye qha ngenxa yezono, waza
waya kuhlala kwiwonga alinikwe nguThixo.

13Ngoku ke ulinde khona ukuba ade uThixo amoyisele iintshaba zakhe.

14Kaloku yena ubenze bahlala besulungekile ngomnikelo omnye qha abo
banyuliweyo.

15UMoya oyiNgcwele ungqina athi kuqala:

16“ ‘Nangu umnqophiso endiya kuwenza nabo emva kwaloo mihla,’ itsho
iNkosi: ‘Ndiya kuyifaka ezintliziyweni zabo imithetho yam, ndiyishicilele
ezingqondweni zabo imiyalelo yam.’ ”

17“Uphinda athi: “Izono zabo, ngokunjalo nenkohlakalo yabo, ndiya
kuyilibala.”

18Zakuba zixolelwe ke izono akusafuneki minikelo ngenxa yazo.

Masisondele kuThixo

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Ngoko ke, mawethu, igazi likaYesu lisikhulule ukuze singene kweyona
ndawo ingcwele singenaloyiko.

20Le ndlela asivulele yona intsha, futhi iyaphila, ihamba iphumele ngaphaya
kwekhuselo, ndithetha umzimba wakhe.

21Ngaphezu koko ke sinombingeleli omkhulu owongamele indlu kaThixo.

22Ngoko ke masisondele sinyanisekile kuThixo, siqinisekile ngokholo, izazela
zethu ezinobutyala zihlanjululwe, ngokunjalo nemizimba yethu ihlanjwe
ngamanzi amsulwa.

23Masithi nca kwisivumo seli themba sinalo; kaloku unyanisekile lowo
usithembisileyo.

24Ngoko ke masikhathalelane, sivuselelane uthando, ngokunjalo nokwenza
imisebenzi emihle.

25Kananjalo masikuxabise ukudibana namanye amakholwa, siphefumlelane,
singabi njengâbo bawutyeshelayo lo mkhwa. Ewe, masikhuthazane ngakumbi
nangakumbi, kuba nani niyabona ukuba imini leyo iyasondela.

26Kaloku xa singayeki ukona ngabom nangoku sesiyazi inyaniso, akusekho
dini lingázisusayo izono zethu.

27Into elindelekileyo ngumgwebo orhwaqelisayo nomlilo olenyayo oza
kutshabalalisa abo bamchasayo uThixo.

28Umntu owaphule umthetho kaMosis akenzelwa nceba, koko uyabulawa,
akuba egwetywe ngobungqina babantu ababini okanye abathathu.

29Ke, nicinga ukuba wothiwani umntu odela uNyana kaThixo, umntu olenza
into engento igazi lomnqophiso ahlanjwe lilo? Ewe, lowo ungcikiva uMoya
wesisa! Ngokuqinisekileyo umntu onjalo ufanelwe sisohlwayo esingqongqo.

30Kaloku siyamazi lowo wathi: “Impindezelo yeyam; ndim oya kubuyekeza.”
Kwakhona uphinda athi: “INkosi iya kubagweba abantu bayo.”

31Kambe ke yinto eyoyikekayo ukugwetywa nguThixo ophilayo!

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

32Ngoko ke yikhumbuleni imihla eyadlulayo. Kaloku nathi nakuvelelwa
ngumsobomvu kaThixo nangena ebunzimeni obukhulu, phofu ke nalapho
nazabalaza kwâkuko.

33Nanidla ngokuba sesichengeni sengcikivo nokungcungcutheka, kanti nanide
nizimisele ukuzibandakanya nâbo babephethwe kakubi.

34Ewe kaloku, navelana nabo abo babesentolongweni; naloo nto yokohluthwa
impahla yenu nayamkela ngovuyo, kuba nisazi ukuba nina ninento ebhetele
eya kuhlala ihleli.

35Ngoko ke sanukutyhafa, kuba nilindelwe ngumvuzo omkhulu.

36Kaloku kufuneka nibe nomonde, ukuze niphumelele ukwenza ukuthanda
kukaThixo, nisizuze nesithembiso sakhe.

37Kaloku zithi iziBhalo: “Kusasele umzuzwana nje aze lowo uzayo afike,
angalibazisi.

38Kambe ke yena olungisayo uya kuphila ngokholo; kodwa ke ukuba uthe
warhoxa, andiyi kumkhathalela.”

39Phofu ke thina asingabo abo barhoxayo baze balahleke, koko singabo baya
kudla ubomi kuba bethembele kuThixo.

KumaHebhere 11

Ukukholwa

1Ukukholwa ke kukuqiniseka ngezinto esinethemba lazo; kukwakukuqiniseka
nangobukho bezinto esingaziboniyo.

2Abantu bamandulo bagqwesa ngenxa yokuthembela kwabo kuThixo.

3Ngokholo siyaqonda ukuba indalo yavela ngelizwi likaThixo, zaza izinto
ezibonakalayo zabakho kungekho nto ibonakalayo adala ngayo.

4Ngokholo lagqwesa kuThixo elika-Abheli idini kunelikaKayin. Ngokholo
uAbheli wamkelwa nguThixo waba lilungisa, kuba uThixo ngokwakhe

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

wakholiswa ngumnikelo wakhe. Ngako ukukholwa kwakhe ke, naxa afileyo nje uAbheli, usathetha.

5Ngokholo uInoki wathwetyulwa engakhange afe. IziBhalo zithi: “Akazange aziwe bani apho akhoyo, kuba wayethathwe nguThixo.”Futhi ziyangqina iziBhalo ukuba uInoki wamkholisa uThixo ngaphambi kokuba athathwe.

6Lungekho ke ukholo akukho ukumkholisa uThixo. Kaloku wonke ubani ozayo kuye kufuneka akholwe ukuba ukho uThixo, yaye uyabavuza abo bamlangazelelayo.

7Ngokholo uNowa, xa wayexelelwa nguThixo ngezinto ezaziza kuhla, waphulaphula wakha inqanawa, walusindisa usapho lwakhe. Ngokholo lwakhe wabudandalazisa ubugwenxa behlabathi, waza wenziwa ilungisa nguThixo ngenxa yokuthembela kwakhe kuye.

8Ngokholo uAbraham walusabela ubizo lokuya kuma kwilizwe elalithenjiswe nguThixo kuye nakwinzala yakhe. Walishiya elakowabo, engazi nokuba makabheke ngaphi na.

9Ngokholo wahlala engumphambukeli kwilizwe lesithembiso. Wayehlala ezintenteni. Benjenjalo nooIsake noYakobi abakwaziindlamafa zeso sithembiso.

10Kaloku wayenxubile elindele elo lizwe liziseko zingagungqiyo, lakhiwe nguThixo.

11Ngokholo nkqu noSara owayengazali, naxa wayeselegugile nje, wafumana amandla, wakhawula, kuba wathemba ukuba uThixo lo uthembisileyo wosigcina isithembiso sakhe.

12Yiyo ke loo nto kuthe kwindoda enye, naxa yayiselifana nofileyo nje kukwaluphala, kwavela inzala ebuninzi bungangeenkwenkwezi, ingenakubalwa okwentlabathi elunxwemeni lolwandle.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Bonke aba bantu bafa benokholo. Babengekazixhamli iziqhamo zesithembiso. Kodwa naxa zazikude babezibona, bezilangazelela, bevuma ukuba bona baziindwendwe nje ezidlulayo kweli lizwe.

14Abantu abenjenje ukuthetha kucace mhlophe ukuba bafuna elakowabo,

15bengalikhumbuli ilizwe abalishiyileyo. Kaloku ngebabebuyele ukuba kwakunjalo.

16Koko sibabona benxubele ilizwe elihle – izulu. Yiyo ke loo nto angenazintloni uThixo xa kuthiwa unguThixo wabo; kaloku ubalungiselele isixeko.

17Ngokholo uAbraham wamnikela uIsake akuvavanywa nguThixo. Lo Abraham zazenziwe kuye izithembiso, nguye kanye lo wayeselemnikela unyana okwakukuphela kwakhe;

18lo kanye kwakuthiwe ngaye: “Inzala yakho yokwaziwa ngomlibo kaIsake.”

19Kaloku uAbraham yena wayeqonda ukuba uThixo unako ukubavusa abafileyo – ngathi ke uThixo wamvusa kwabafileyo noIsake.

20Ngokholo uIsake walisikelela ikamva looYakobi noEsawu.

21Ngokholo uYakobi wabasikelela bonke ngabanye, ngaphambi kokuba abhubhe, oonyana bakaJosefu. Wangqiyama ngomsimelelo wakhe, wanqula uThixo.

22Xa wayeselukhukweni lokufa, uJosefu ngokholo wayolela ngemfuduko yamaSirayeli eJiputa, wayaleza namathambo akhe.

23Ngokholo abazali bakaMosis bamfihla iinyanga ezintathu emva kokuba ezelwe. Kaloku wayelusana oluthandekayo, baza ke àbasithobela isimiselo sekumkani ngokwenza loo nto.

24Ngokholo, akuba mdala uMosis, akazange avume ukuba kuthiwe ungunyana wentombi yokumkani waseJiputa.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

25Wakhetha ukuhlupheka kunye nabantu bakaThixo kunokuba axhamle isono nokuba ngumzuzwana nje.

26Ingcikivo kaKrestu wayithatha njengento ebaluleke ngaphezu kwabo bonke ubutyebi baseJiputa, kuba wayenethemba lomvuzo ozayo.

27Ngokholo uMosis wayishiya iJiputa, phofu kungengakuba wayesoyika umsindo wekumkani. Wayefunzele phambili ngokungathi wayembona uThixo ongabonwayo.

28Ngokholo wamisela isidlo sePasika. Wayalela ukuba makutshizwe imigubasi ngegazi, khon' ukuze isithunywa sokufa singawatshabalalisi amazibulo amaSirayeli.

29Ngokholo amaSirayeli aluwela uLwandle oluBomvu ngokungathi ahamba emhlabeni owomileyo, kodwa wona amaJiputa eyela akuwalinganisa.

30Lukholo olwadiliza iindonga zeJeriko, akuba amaSirayeli ezijikeleze iintsuku zasixhenxe.

31Lukholo olwasindisa ihenyukazi uRahabhi ekutshabalaleni kunye nabo bangamthobeliyo uThixo, kuba lona lazamkela ngobubele iintlola.

32Ndibalisa ntoni na? Lingaphela tu ixesha ndithetha ngoGidiyon,noBharaki, noSamson, uJafta, noDavide, uSamweli, nabashumayeli bamandulo.

33Ngokholo bona babhukuqa izikumkani, benza ubulungisa, bazuza izinto ezazithenjiswe nguThixo. Babevingca imilomo yeengonyama ezigqumayo,

34bacime imililo edwanguzayo,basinde ekufeni ngekrele. Baphiwa amandla xa babengenawo. Babengamagorha emfazweni; babezichitha iintshaba zibe ziintsalu.

35Ngokholo abafazi babebuyiselwa abafileyo babo bevuswe ekufeni.Abanye bâla ukukhululwa, bafa ngokungxwelerhwa, khon' ukuze bavukele kobona bomi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

36Bambi babesenziwa intlekisa, bekatswa, bekhonkxwa ngamatyathanga,
bevalelwa entolongweni.

37Babekhandwa ngamatye, besarhwa kubini, bebulawa ngekrele. Babehamba
benxibe iimfele zeegusha nezikhumba zeebhokhwe, beswele, betshutshiswa,
bephethwe gadalala.

38Babengafanelanga ukuhlala kweli hlabathi linje, ngenxa yokulunga kwabo.
Babezizibhadu-bhadu ezazihamba zihlala koozintlango nasezintabeni,
koomiqolomba nasemingxunyeni phantsi komhlaba.

39Bayakhunjulwa bonke ngabanye aba, ngenxa yokugqwesa kokholo lwabo.
Kambe ke abazizuzanga izinto ezathenjiswayo nguThixo,

40kuba kaloku uThixo ube nacebo limbi lilungileyo: uthande ukuba
bangazixhamli izithembiso zakhe ngaphandle kwethu.

KumaHebhere 12

Ukunyamezela ingqeqesho

1Ngoko ke, thina siphahlwe ngamangqina amaninzi kangaka nje, masiyilahle
ke yonke into enokusibambezela, ingakumbi isono, kuba sona siyarhintyela.
Masingene kolu gqatso luphambi kwethu sizimisele.

2Amehlo ethu makathi ntsho kuYesu; kaloku síxhomekeke kuye isiqalo
ndawonye nekamva lokholo lwethu. Ewe kaloku, yena wathi, ngenxa
yenyhweba eyayimlindele, wawunyamezela umnqamlezo, walidela nehlazo
lawo; kungokunje uhleli ewongeni kwibhotwe likaThixo.

3Ngenene mkhumbuleni yena, kuba wamelana nayo yonke inkcaso yaboni.
Xa nisenjenjalo ke niya kukhuthala ningatyhafi.

4Kuba kaloku kulo mzabalazo wokulwa isono anikazingisi kude kuphalale
igazi.

5Ngaba seniyilibele na indlela anikhuthaza ngayo uThixo ngokoonyana,
esithi: “Nyana wam, sukuyidela ingqeqesho yeNkosi; futhi sukutyhafa
yakukululeka.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6Kuba iNkosi iyabaqeqesha abo ibathandayo, ize imohlwaye unyana owamkelekileyo kuyo.”

7Bunyamezeleni ubunzima, kuba yingqeqesho. Kaloku uThixo uniphethe njengoonyana bakhe. Nakha nambona phi unyana ongaqeqeshwayo nguYise?

8Ukuba ngaba aniqeqeshwa njengabo bonke oonyana, loo nto iya kuthetha ukuba aningabo oonyana ngenene, koko niyimigqakhwe.

9Kaloku besifudula sinabo ootata apha emhlabeni, besiqeqesha, kodwa sibahlonipha. Kuyimfuneko ngakumbi ke ukuba simhloniphe ngentobeko lowo ungutata wethu ngokoMoya, khon' ukuze siphile.

10Ootata bethu bona babesiqeqesha kangangoko, kodwa lilifutshane ixesha labo. Kambe ke yena uThixo, esiqeqesha nje, usilungiselela ukuba sibuxhamle ubungcwele bakhe.

11Kambe ke, xa sisephantsi kwayo, ingqeqesho ayivakali iluyolo, koko ibuhlungu; kodwa ke abo bayinyamezelayo baba nobomi obusulungekileyo obuyondeleleneyo.

Ingozi yokungaliphulaphuli ilizwi likaThixo

12Ngoko ke dlamkani, zihlaziyeke iingalo ezinomkhinkqi namadolo anengevane.

13Imizila yendlela yenu mayingabi goso, ukuze oqhwalelayo angenzakali, koko anyangeke.

14Hlalani ngoxolo nabo bonke abantu. Yibani nyulu, kuba ngaphandle kobunyulu akukho mntu uya kuyibona iNkosi.

15Lumkani kungabikho mntu uphulukana nalo ubabalo lukaThixo. Makungakhuli ngcambu yabubi inokuthi ibe yityhefu kwabaninzi.

16Lumkani kungathi kanti kukho umntu olihilihili, okanye ophandl' apha njengoEsawu. Kaloku yena waphulukana nobuzibulo bakhe ngenxa yokutya.

© 1996 Bible Society of South Africa.

17Kananjalo niyazi ukuba kamva wathi efuna ukuyibanga intsikelelo akamkeleka. Ewe, wayeyifuna nangeenyembezi, kodwa akayizuzanga, kuba akazange alifumane ithuba lokuguquka.

18Kambe nina anijongananga nanto iphathekayo njengamaSirayeli entabeni yeSinayi, eyayidangazela umlilo, inobumnyama obuzala isithokothoko, inoqhwithela,

19nenzwinini yexilongo, nokuzongoma kwelizwi elabatsho bonke abalivayo bathi makungabi saphindwa kuthethwe nabo.

20Kaloku barhwaqeliswa ngumyalelo othi: “Nesilwanyana esithe sasondela apho entabeni masikhandwe ngamatye sife.”

21Lo mbono wawusoyikeka kangangokuba uMosis wavakala esithi: “Andoyiki ndiyagubha!”

22Hayi kaloku, nina niphambi kwentaba iZiyon, nomzi kaThixo ophilayo, iJerusalem yaphezulu enamawaka-waka ezithunywa zezulu. Nifikile kwitheko

23leenginginya yeendlalifa zikaThixo ezingabemi baphezulu. Ewe, niphambi koThixo ongumgwebi wabo bonke, naphambi koomoya bamalungisa asulungekileyo.

24Nifikile kuYesu unozakuzaku womnqophiso omtsha. Ukuchitheka kwelakhe igazi kusiphathele izinto ezinkulu kunelika-Abheli.

25Ngoko ke sanukuba neenkani: phulaphulani xa athethayo. Abo babeneenkani, bangazange baliphulaphule ilizwi elalibalumkisa emhlabeni, abasindanga esohlwayweni. Ngokungakumbi ke nathi asiyi kusinda ukuba sineenkani, asiliphulaphuli ilizwi lalowo usilumkisayo ezulwini.

26Kambe ke ngelo xesha ilizwi lakhe lawugungqisa umhlaba, kodwa ngoku uthembise wathi: “Ndiya kuphinda, phofu ndingagungqisi umhlaba wodwa, koko nezulu ngenkqu.”

27La mazwi athi “ndiya kuphinda” acacisa mhlophe ukuba izinto ezidaliweyo ziya kugungqiswa zisuswe, zize zithi izinto ezingagungqiyo zisale.

© 1996 Bible Society of South Africa.

[28]Ngoko ke masitsho ngongazenzisiyo umbulelo kuThixo, kuba kaloku siphantsi kombuso ongagungqiyo. Masidomboze simnqule ngendlela eya kumkholisa uThixo, simhlonela sinoloyiko.

[29]Kaloku uThixo wethu ngumlilo olenyayo.

KumaHebhere 13

Iziyalo nezilumkiso

[1]Hlalani nithandana okwabantu abazalanayo.

[2]Zenzeleni ububele emakhaya iindwendwe. Ngokwenjenjalo abanye abantu kwathi kanti babuka izithunywa zezulu bengaqondi.

[3]Wacingeni amabanjwa njengokungathi nani nibanjwe kunye nawo. Bacingeni nabo baphethwe kakubi ngokungathi nini abo banjalo.

[4]Umtshato uxabisekile; mawuxatyiswe nguye wonke ubani. Amadoda nabafazi mabanyaniseke omnye komnye, bangasixabheli isilili sabo. Ingqumbo kaThixo ijinga phezu kwabo bakrexezayo kwakunye nabo barheletyayo.

[5]Musani ukuba ngamathandamali. Yanelani yinto eninayo. Kaloku uThixo uthi: “Andiyi kukuyekela; ndingayi kukufulathela.”

[6]Masitsho singenadyudyu ke sithi: “YiNkosi umncedi wam, andiyi koyika nto! Angandenza ntoni umntu?”

[7]Khumbulani iinkokheli zenu zamandulo, ezanixelela ngodaba lukaThixo. Cingani ngobomi bazo nempumelelo yemigudu yazo, nilinganise ukholo lwazo.

[8]UYesu Krestu lo wayizolo, usekwanguye nanamhla, nangomso, nanini nanini.

[9]Nize ningakhukuliswa enyanisweni ziimfundiso ezingabhadlanga. Kulungile ukuba somelezwe lubabalo lukaThixo, yaye imithetho ngezinto emazityiwe nemazingatyiwa ayincedi nto, ayizange ibancede nabo bayigcinayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Elethu iqonga lamadini linjengeliya ababingeleli bonqulo lwamaSirayeli babengenalungelo lakutya kulo.

11Njengoko nisazi, umbingeleli omkhulu ubengena negazi leenkomo neleebhokhwe kweyona ingcwele indawo, aze angxengxezele izono ngelo gazi. Kodwa inyama yazo yona ibitshiselwa ngaphandle.

12UYesu ke naye wafela ngaphandle kwamasango edolophu, khon' ukuze abangcwalise abantu ngegazi lakhe.

13Nathi ke ngoko masiye kuye ngaphandle, silixhamle ihlazo lakhe.

14Kaloku apha asinakhaya lisisigxina, koko sinxubele elizayo.

15Ngawo onke amaxesha masenze umbongo kuThixo, ube lidini esilinikela kuye ngoYesu, silivuma ngomlomo wethu igama lakhe.

16Masingaze siyeke ukwenzelana ububele, kuba leyo yeyona minikelo imkholisayo uThixo.

17Zithobeleni iinkokheli zenu, nizihloniphe, kuba azilali lixhala ngenxa yenu. Kaloku kufuneka zenze ingxelo yomsebenzi wazo kuThixo. Ke ukuba niyazihlonela, woba khaphukhaphu umsebenzi wazo. Kanti ungaba nzima, ningancedeki nani, ukuba anizihloneli.

18Nam ndithandazeleni. Ndiqinisekile ukuba mna andinasazela nganto; kaloku ndisoloko ndinqwenela ukwenza okulungileyo maxa onke.

19Nditsho ngenene ukuba ze nindithandazele, ukuze uThixo andibuyisele kuni kamsinyane.

Umthandazo

20UThixo onika uxolo, owayivusa ekufeni iNkosi yethu uYesu Krestu, waba nguyena malusi womhlambi,

21ngokuphalala kwegazi lomnqophiso ongasoze utshitshe, wanga anganomeleza ekwenzeni okulungileyo, khon' ukuze niyifeze intando yakhe. Wanga angasenza loo nto athanda ukuba sibe yiyo ngoYesu Krestu. Makadunyiswe uYesu Krestu ngonaphakade kanaphakade! Amen.

© 1996 Bible Society of South Africa.

Isiphetho

22Mawethu, ze niwanyamezele la mazwi enkuthazo. Kambe yileta emfutshane nje le.

23Umhlobo wethu uTimoti ukhululwe entolongweni. Ndiza kuza naye apho ukuba ukhawuleze wafika.

24Umbuliso kwiinkokheli zenu, nakulo lonke usapho lukaThixo. Amakholwa aseItali ayabulisa.

25Wanga uThixo anganenzela isisa nonke.

© 1996 Bible Society of South Africa.

EkaYakobi

EkaYakobi 1

Isingeniso

1Kubhala mna Yakobi, isicaka sikaThixo neNkosi uYesu Krestu. Ndibulisa bonke abantu bakaThixo abathe saa kulo lonke elimiweyo.

Ukholo nobulumko

2Mawethu, zithatheni njengabantu abanethamsanqa, xa nifikelwa zizilingo ngezilingo.

3Kaloku isiqhamo sokumelana nezilingo ngokholo lunyamezelo.

4Kona ke ukunyamezela kuzala isimilo esicikidekileyo, nesingalambathi nganto.

5Ke ukuba kukho bani uswele ubulumko, makabucele kuThixo. UThixo onobubele nesisa kubo bonke abantu, womnika.

6Kodwa ke loo mntu makacele ekholwa, engathandabuzi konke. Kaloku umntu othandabuzayo ufana namaza alatyuziswa ngumoya elwandle.

7Umntu onjalo ke makangalindeli kwenzelwa nto yiNkosi.

8Kaloku umntu ongqondo ilala neli, ivuke neli, akaze abe nazigqibo nganto.

Ubuhlwempu nobutyebi

9Ikholwa elihlelelekileyo malivuye lakuphakanyiswa nguThixo.

10Nekholwa elimi kakuhle nalo malizidle lakuthotywa nguThixo. Kaloku kwanesinhanha esi sithi shwaka njengentyatyambo esendle.

11Yona ithi lakuvela ilanga liyigqatse, ibune, kuphele nokubukeka kwayo.Nesinhanha siya kutshabalala naso ngoku kanye sisaxakeke yimicimbi yaso.

Ukuvavanywa nokulingwa

12Unoyolo lowo uzinyamezelayo izilingo, kuba kaloku, lakudlula uvavanyo, uya kuzuza umvuzo obubomi uThixo abuthembise abo bamthandayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

13Makungabikho mntu uthi ulukuhlwe nguThixo xa ahendwayo. UThixo akoyiswa bububi kaloku; yaye akalingi mntu yena.

14Isilingo sivela ngokuthi umntu alukuhlwe yiminqweno yakhe egwenxa.

15Loo minqweno yakhe ke iyakhawula, izale isono. Isono ke sona sithi sakuba nentshebe, sizale ukufa.

16Musan' ukuphazama, mawethu!

17Konke ukupha naso sonke isipho esifezekileyo sivela phezulu kuThixo, umdali wezikhanyiso zesibhakabhaka. Yena akaguqu-guquki aphinzi-phinzize.

18Wathi akuthanda uThixo wasizala ngokutsha ngelizwi lenyaniso, saza ke saba lulibo lwayo yonke indalo yakhe.

Ukuva nokwenza

19Khumbulani le nto, zihlobo zam: Wonke ubani makakhawuleze ukuva; kodwa makangakhawulezi ukuthetha, angakhawulezi nokucaphuka.

20Kaloku into umntu ayenza enomsindo ayinakwamkeleka kuThixo.

21Yahlukanani nemikhwa emibi nehambo engcolileyo. Mlulameleni uThixo, namkele ilizwi lakhe alifake kuni ezintliziyweni. Lilo elinamandla okunisindisa.

22Musani ukuzikhohlisa ngokuliphulaphula nje qha ilizwi likaThixo. Endaweni yaloo nto nina yenzani oko likuthethayo.

23Lowo uliphulaphula nje kuphela elo lizwi, angenzi nto ngalo, ufana nomntu ozijonga esipilini, abubone ubuso bakhe.

24Loo mntu uzithi krwaqu nje, ahambe, aze kwangoko azilibale ukuba unjani na.

25Kodwa loo mntu uthi awucoselele ukuwugcina umthetho osinika inkululeko, lowo uthe rhoqo ukuhamba ngawo engaphulaphuli nje aze alibale, lowo wosikelelwa nguThixo ngokwenjenjalo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[26]Ewe, umntu angázicingela ukuba ulikholwa; kodwa uyazikhohlisa ukuba akakwazi ukulawula ulwimi lwakhe. Ingamampunge nje into yokuba ulikholwa.

[27]Inkolo enyanisekileyo nengenachaphaza kuThixo uBawo yile: kukubonelela iinkedama nabahlolokazi abahluphekileyo, nokuphepha ukudyojwa lihlabathi.

EkaYakobi 2

Isilumkiso ngocalu-calulo

[1]Mawethu, njengoko nikholwa kuYesu Krestu iNkosi yethu enobungangamsha – ninomkhethe kodwa nina.

[2]Nakufikelwa ziindwendwe ezimbini endlwini yenkonzo, omnye enxibe kakuhle ehombe ngamaso egolide, omnye elihlwempu edlakazela,

[3]nako ke nina nitatazela nilungiselela lo mfo ulinene, nimnika nesihlalo, nithi lona idlavu malime ngeenyawo okanye lihlale phantsi emhlabeni.

[4]Aniziqondi ke ukuba xa nenjenjalo nina ngenkqu nimbaxa, nilawulwa yimigaqo ephuthileyo?

[5]Mamelani apha ndinixelele, zihlobo zam. Andibi kanene uThixo amahlwempu la uwanyulele ukuba atyebe ngokholo, aze afumane isabelo kulawulo oluthenjiswa abo bamthandayo?

[6]Kodwa nina niwenza intlekisa amahlwempu! Kanene ngoobani abanicinezelayo? Asizozityebi? Andithi kanene zizo ezinirhuqela enkundleni yamatyala,

[7]zize zenyelise igama likaKrestu enibizwa ngalo?

[8]Kodwa ukuba niyawuthobela umthetho weNkosi oseziBhalweni othi: “Mthande ummelwane wakho kanye ngale ndlela nawe uzithanda ngayo,” noba niyakholisa.

[9]Kodwa ukuba abantu niyabacalu-calula, noba netyala; nogwetywa njengezaphula-mthetho.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Lowo uwugcina wonke umthetho, aze aphule umyalelo omnye, unetyala lokuwaphula wonke.

11Kaloku isekwanguloo mwisi-mthetho mnye lo uthi: “Ungakrexezi,” kwanothi: “Ungabulali.” Nokuba na akukrexezi, usisaphula-mthetho ukuba uyabulala.

12Intetho yenu nezenzo zenu mazibe zezabantu abalindele ukugwetywa kwangulo mthetho usikhululayo.

13Kaloku akayi kuba nanceba uThixo xa agweba umntu ongabanga nanceba. Kodwa yona inceba iyasongamela isigwebo.

Ukholo nemisebenzi

14Mawethu, kunceda ntoni ukuba athi umntu unokholo, zibe zona izenzo zakhe zingayingqini loo nto? Lunganceda ntoni olo kholo?

15Nanku umwethu, nanku nodade: bobabini bayadlakazela, bayalamba.

16Kunceda ntoni ukubasizela, nokubacebisa ngento yokwambatha nangokutya, ube ungenzi nto konke ngale meko yabo?

17Lunjalo ke ukholo olungaqhubeli mntu kwenzeni nto; luyinto nje efileyo.

18Ewe, ningatsho ukuthi omnye umntu unako ukuba nokholo, kanti nomnye unako ukwenza imisebenzi ethile. Kodwa ke mna ndithi ukuphendula: Khawundibonise ukuba ngaba lufezekile na olo kholo wena uthetha ngalo lungenamisebenzi lubonakala ngayo. Mna ndokubonisa ngemisebenzi ukholo endinalo.

19Ewe, unalo ukholo ngokwaneleyo, ngangokude ukholwe ukuba ukho uThixo, yaye mnye. Uyalungisa kanye ngaloo nto! Kodwa ke neendimoni zinalo ukholo olukwanjalo phofu; lude luzinkwantyise kunjalonje.

20Akuqondi ke kodwa, sidengendini, ukuba ukholo olungangqinelwa zizenzo luphunzile?

21Akuqondi na ukuba uAbraham ubawo wenziwa waba lilungisa nguThixo ngenxa yesenzo sokunikela uIsake unyana wakhe ukuba abe lidini?

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22Akuboni ukuba ngokwenjenjalo oku wayeqhutywa lukholo? Akuqondi
ukuba ngesi senzo wangqina ukunyaniseka kokholo awayenalo?

23Esi senzo sazalisekisa amazwi eziBhalo athi: “UAbraham wakholwa
kuThixo, waza ngenxa yokholo wenziwa ilungisa.” Kwenye indawo ubizwa
ngokuba ngumhlobo kaThixo.

24Ùyaqonda ke ukuba umntu uba lilungisa ngenxa yezenzo kungekuko
ngokholo lodwa?

25Nehenyukazi uRahabhi, andithi kanene naye waba lilungisa ngenxa yesenzo
sakhe sokwamkela iintlola, wazizimelisa zasaba ngandlela yimbi?

26Njengoko ufile umzimba xa umphefumlo uphumile, ngokunjalo nokholo
olungangqinelwa zizenzo lufana nesidumbu, lufile.

EkaYakobi 3

Ulwimi

1Mawethu, musani ukugagamela nifune ukufundisa nonke. Kaloku niyazi
ukuba thina sifundisayo siya kugwetywa ngqongqo kunabanye.

2Sonke ngabanye siyayenza impazamo amaxesha ngamaxesha. Ke yena
umntu ongaphazamiyo ekuthetheni ugqibelele, uyakwazi ukuzilawula
ngokupheleleyo.

3Kaloku ihashe silifaka umkhala, ukuze lisilulamele, sikwazi ukulilawula
ngokupheleleyo.

4Okanye khanicinge ngenqanawa, inkulu injalo, noba ngade ityhalwe
yimimoya emikhulu, kodwa ilawulwa ngentongana nje encinci, ize iye apho
athanda ukuba iye khona umqhubi.

5Lukwanjalo ke nalo ulwimi, nakuba luluncinci kangaka nje – luyagwagwisa
kakhulu. Mhlawumbi makhe senze umzekelo ngehlathi: noba selilikhulu
kangakanani na lingátshiswa yintlantsana nje yomlilo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6Nalo ke ulwimi lufana nqwa nomlilo; lululwandle lobubi. Lulelinye lamalungu omzimba wethu nje luphembelela ububi kubume bethu buphela. Ubomi bethu buphela libuntumeka ngomlilo eliwuthatha esihogweni.

7Uluntu luyakwazi ukuzilulamisa zonke iintlobo zezidalwa – ezizitho zine kwaneentaka, ezirhubuluzayo kwanezaselwandle – yaye lukholisile ukwenjenjalo.

8Kodwa akukho mntu ukwaziyo ukululawula ulwimi. Luyinkathazo engalawulekiyo, futhi luyityhefu.

9Sisebenzisa lona xa sibonga sibulela iNkosi uTata wethu, ukanti sibaqalekisa kwangalo nabantu abadalwe bafuza uThixo.

10Imibulelo neziqalekiso zimpompoza mlonyeni mnye. Mawethu, mayingenzeki le nto!

11Kaloku akwenzeki ukuba kumpompoze amanzi amnandi namtyuba mthonjeni mnye.

12Mawethu, umkhiwane awukwazi kaloku ukuvelisa umnquma, nomdiliya awunako ukuvelisa amakhiwane. Ngokunjalo akukho mthombo unako ukuvelisa amanzi amtyuba namnandi.

Ubulumko obuvela phezulu

13Ukuba bakho abantu abalumkileyo nabaqondayo phakathi kwenu, loo nto mabayibonakalise ngobomi obumsulwa, nangezenzo zentobeko nobulumko.

14Kodwa ke ukuba ninomona nolunya nizicingela, sanukuzigwagwisa nigqume inyaniso ngobuxoki.

15Obu bulumko abuveli phezulu, koko bobehlabathi, bobeenkanuko, bobukaSathana.

16Ke apho kukho umona nokuzigwagwisa kuba nguqulukubhode nazo zonke iintlobo zeentlondi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

17Kodwa ke bona ubulumko obuvela phezulu bumsulwa; bunolungelelwano, nobubele, buyazelelela. Bona bunovelwano, yaye buvelisa imisebenzi emihle; abunamkhethe naluhanahaniso.

18Ke bona abahlwayeli boxolo abaseluxolweni bavuna ubulungisa.

EkaYakobi 4

Ingozi yokuhlobana nehlabathi

1Yintoni edala iimfazwe neengxabano apha phakathi kwenu? Ngokuqinisekileyo zivela kwiinkanuko zenu ezisoloko zisenza imizabalazo ngaphakathi kwenu.

2Xa ungazifumani izinto ozifunayo, ukhetha ukubulala; okanye xa ungafezeki umnqweno wakho, uyaxabana ulwe. Kanti ke, ungazifumani nje izinto ozifunayo, kungenxa yokuba awuziceli kuThixo.

3Noba sowude wathandaza ucela, awuzuzi, kuba kaloku iinjongo zakho zimbi, ufuna nje ukufezekisa iinkanuko zakho.

4Bantundini abangathembekanga, anazi kakade ukuba ngokuhlobana neli hlabathi nizenza iintshaba zikaThixo? Ewe, nabani na okhetha ukuvana neli hlabathi ulutshaba lukaThixo.

5Mhlawumbi ngaba nicinga ukuba iziBhalo ziyalavuza xa zisithi: “UMoya esimnikiweyo uyakhweleta”?

6Kodwa ke sona isisa asinika sona uThixo singaphezulu. Zitsho neziBhalo ukuthi: “UThixo uyabachasa abanekratshi, kodwa unesisa kwabathobekileyo.”

7Ngoko ke zinikeleni ngokupheleleyo kuThixo. Mchaseni uSathana azokunibaleka.

8Sondelani kuThixo naye azokusondela kuni. Hlambani izandla zenu, nina bonindini! Nizenze nyulu iintliziyo zenu, nina bahanahanisi!

9Yibani lusizi nilile nintywizise! Ukuhleka makujike kube ziinyembezi, uvuyo lube lusizi!

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Ukuba niyazithoba kuye uThixo, uya kuniphakamisa.

Isilumkiso ngokugxekana

11Mawethu, musani ukugxekana. Nabani na oligxekayo okanye aligwebe elinye ikholwa, ugxeka ugweba umthetho. Ukuba ke uyawugxeka umthetho, akuwuthobeli, koko ungumgwebi wawo.

12NguThixo kuphela umniki-mthetho nomgwebi. Nguye kuphela onelungelo lokusindisa okanye atshabalalise. Kuxa ungubani ke wena ude ugwebe ummelwana wakho nje?

Isilumkiso ngokuqhayisa

13Makhe ndibhekise kuni nina bathi: “Namhlanje okanye ngomso siya kuya kwidolophu ethile, sifike sihlale unyaka wonke, sirhwebe sizuze imali eninzi.”

14Nithetha nje ningayazi into eniza kuba yiyo ngomso. Nifana nje nomfa-nkungu othi uvele umzuzwana nje uphinde uphele.

15Xa nithetha yithini: “INkosi ivuma, siya kwenza le naleya.”

16Kodwa ke endaweni yokwenjenjalo nisuka nibe nekratshi, niqhayise; ibe ke ukuqhayisa yinto egwenxa.

17Phofu ke yena umntu ongayenziyo imfanelo yakhe nakuba eyazi, unetyala.

EkaYakobi 5

Isilumkiso kwizityebi

1Ngoku makhe ndibhekise kwabo bemi kakuhle, izityebi. Hlahlambani ningqukruleke ngenxa yeenzingo ezinizelayo!

2Kaloku ubutyebi benu buyangunda, neempahla zenu zityiwa ngamanundu.

3Igolide nesiliva yenu idliwa ngumhlwa. Ngulo mhlwa ke kanye obubungqina obunilahlayo, kuba uya kuyisuba njengomlilo inyama yenu. Kaloku nina nizifumbela ubutyebi ngoku sikwimihla yokugqibela.

4Abasebenzi abalima amasimi enu anibahlawuli. Khanisive isikhalo sabo! Ewe, isililo sabavuni seside savakala nakuThixo, iNkosi uSomandla.

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Kaloku obenu ubomi apha emhlabeni bubunewu-newu nobumnandi. Ewe,
nizondle natyeba, kanti nizilungiselela umhla womgwebo.

6Nimgwebile nambulala umntu ongenatyala. Kanti noko akaxhathisi.

Umonde nomthandazo

7Mawethu, yibani nomonde ide ifike iNkosi. Thathani umzekelo kumlimi:
yena usilinda ngomonde isivuno asixabisileyo somhlaba wakhe. Ewe, yena
uzilinda ngomonde iimvula zasentlakohlaza ngokunjalo nezasekwindla.

8Ngoko ke nani yibani nomonde, ningatyhafi; kaloku iMini yokufika
kweNkosi ikufuphi.

9Mawethu, musani ukukhalazelana ukuze ningagwetywa nguThixo. Ngenene
yena uMgwebi usemnyango.

10Nanku ke umzekelo, mawethu: ndixela abashumayeli bamandulo, abo
babethetha egameni leNkosi. Bona mababe ngumzekelo wenu
wokunyamezela ngomonde naxa kunzima.

11Ewe, sithi banoyolo abo banyamezelayo. Seniyivile indlela awayenomonde
ngayo uYobi; niyayazi indlela eyambuyekeza ngayo iNkosi. Kaloku iNkosi
inenceba novelwano.

12Ngaphezu koko ke, mawethu, musani ukufunga xa nisenza isithembiso;
nditsho nangezulu, umhlaba, nangantoni na. Xa nivuma yithini: “Ewe,” nithi:
“Hayi,” xa nisala, kube kuphela, ukuze ningabi sesichengeni sokugwetywa.

13Ukuba kukho umntu osenkathazweni, makathandaze. Ukanti xa umntu
evuya, makahlabele ingoma adumise.

14Xa umntu egula, makabize amadoda amakhulu ebandla; wona aya
kumthandazela, amthambise ngeoyile egameni leNkosi.

15Lo mthandazo uphuma elukholweni uya kumnyanga umntu ogulayo, iNkosi
imbuyisele empilweni, zithi nezono azenzileyo zixolelwe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

16Ngoko ke zivumeni izono omnye komnye, nithandazelane, khon' ukuze
ninyangeke. Kaloku umthandazo womntu olungileyo unamandla
angummangaliso.

17Ewe, uEliya wayengumntu efana nathi. Kodwa wathandaza ngokuzimisela
ukuba ingani imvula, ngenene labalela iminyaka emithathu enesiqingatha.

18Waphinda wathandaza, saza isibhakabhaka sayithoba imvula, lachuma
ilizwe.

19Mawethu, ukuba omnye wenu ulahlekile waphuma enyanisweni, waza
omnye umntu wambuyisa,

20qinisekani ngale ndawo: Nabani na oguqula umoni olahlekayo usindise
umphefumlo ekufeni, watsho kwaxolelwa izono ezininzi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1 KaPetros

1 KaPetros 1

Isingeniso

1Kubhala mna Petros, umthunywa kaYesu Krestu. Ndibhalela nina bantu
bayimilowo yakwaThixo eniziimbacu ezithe saa kumaphondo asePonto,
eGalati, eKapadoki, eAsiya, naseBhitini.

2Nakhethwa kwangaphambili ngokwentando kaThixo, nenziwa imilowo
ngoMoya oyiNgcwele, ukuze nilulamele uYesu, nitshizwe ngegazi lakhe.
Nanga ke ningenzelwa isisa niphiwe uxolo ngakumbi nangakumbi.

Ithemba elingagungqiyo

3Makabongwe uThixo noYise weNkosi yethu uYesu Krestu, othe ngenceba
wasinika ubomi obutsha ngokuvusa uYesu Krestu ekufeni!

4Kungenxa yaloo nto ke sinethemba elingagungqiyo nje, sihleli silinde ilifa
leentsikelelo asigcinele zona uThixo. Azinakubola ezo ntsikelelo,
azinakonakala, azinako nokutshitsha.

5Wonilondoloza uThixo ngamandla akhe, ngenxa yokholo eninalo, kude
kufike loo nkululeko beniyilungiselelwe.

6Ngenxa yaloo nto ke vuyani, naxa phofu okwangoku ninyanzelekile ukuba
nibe lusizi ngenxa yeentlupheko enizithweleyo.

7Ezo ntlupheko zicikida ukholo lwenu, lucace into oluyiyo. Negolide le iyinto
etshabalalayo, iyacikidwa ngomlilo. Nalo ke ukholo lwenu oluxabiseke
ngaphezu kwegolide lumelwe kukucikidwa, ukuze nibe nodumo, kwakunye
newonga nesidima ngemini yokufika kukaYesu Krestu.

8Anikamboni nokumbona, kodwa niyamthanda. Niyakholwa nokukholwa
kuye, naxa ningekamboni nje. Senizele naluchulumacho olungenakuchazwa,

9kuba seniyibona injongo yokholo lwenu; ndixela inkululeko yenu.

10Yile nkululeko kanye le babephengulula beyiphanda kunene abashumayeli
bamandulo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Babethetha ngesisa eniya kusenzelwa nguThixo. Babezama ukuphononononga
ukuba zaziya kuhla nini na, njani na, ezo zigigaba. Kaloku uMoya kaKrestu
wabatyhilela intlungu eyayiza kuhlela uKrestu ngeli thuba, newonga awayeza
kulixhamla.

12Batyhilelwa ukuba ezo ndaba babezithetha ngezinto ngezinto,
yayingezozabo, yayizezenu. Ezo ndaba ke zezi nizixelelwa ngabo
bazivakalisayo kuni ngoku iindaba ezimnandi ngamandla kaMoya
oyiNgcwele owavela ezulwini. Nditsho nkqu nezithunywa zezulu
ziyakunqwenela ukuziqonda ezo zinto.

Ziphatheni ngokwemilowo yakwaThixo

13Ngako ke finyezani umbhinqo, nibaze iingqondo, ningathembi nanye into
ngaphandle kwesisa seentsikelelo eziza kuza noYesu ukufika kwakhe.

14Ziqheliseni ukululama, ningaziphathi ngendlela ebeniziphethe ngayo
ngokuya beningekazi nto ngokholo.

15Kwinto yonke yibani ngcwele. Kaloku uThixo onibizileyo ungcwele.

16Kanti ke neziBhalo zitsho ukuthi: “Yibani ngcwele, ngokuba mna
ndingcwele.”

17Xa nimnqula nithi uThixo nguBawo ongenamkhethe, ogweba lowo nalowo
ngokwezenzo zakhe. Ngoko ke mnikeni imbeko lo gama nisesemhlabeni.

18Khumbulani ixabiso enakhululwa ngalo kwintlalo ebingento yookhokho
benu. Anihlawulelwanga nganto itshitshayo, ifana nesiliva negolide.

19Nahlawulelwa ngegazi elixabisekileyo leXhwane elinguKrestu ongenasisihla
nasiphako.

20Wanyulwa nguThixo, lingekadalwa ihlabathi, wabonakala ngenxa yenu
kule mihla yokugqibela.

21Ke ngoku niyakholwa kuThixo ngenxa yakhe. Ke uThixo wamvusa ekufeni,
wamnika iwonga, ukuze nijonge kuThixo ngethemba nangokholo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22Njengoko ke nithe ngenxa yokululamela inyaniso nenziwa nyulu ukuze
nithandane ngokwabazalanayo, thandanani ke ngoko ngokungazenzisiyo.

23Kaloku nizelwe ngelizwi likaThixo ophilayo, ongunaphakade, naba
ngabantwana balowo ungasoze afe.

24Zitsho neziBhalo ukuthi: “Umntu unjengengca, nodumo lwakhe
lunjengentyatyambo yengca. Iyabuna ingca, ivuthuluke intyatyambo,

25kodwa lona ilizwi leNkosi lihlala lihleli.” Elo lizwi ke lelo nalishunyayezwa
ngeendaba ezimnandi.

1 KaPetros 2

Ilitye eliphilayo nesizwe esinyulu

1Ngoko ke yahlukanani nazo zonke ezi zinto: uchuku, inkohliso, ukuzenzisa,
nomona, nako konke ukuphixanisa!

2Njengamakholwa aseziintsana langazelelani ubisi olungangxengwanga:
ndixela ilizwi likaThixo eliya kunikhulisa nide nisindiswe.

3“Kaloku senibungcamle ububele beNkosi,” njengoko neziBhalo zisitsho
kakade.

4Yizani eNkosini! Kaloku yona lilitye eliphilayo eladelwayo ngabantu; kambe
ke lichongiwe, laye lixabisekile kuThixo.

5Yizani kaloku nani nibe ngamatye okwakha indlu kaMoya, khon' ukuze nibe
ngababingeleli abanyulu bokwenza amadini kaMoya, amkelekileyo kuThixo
ngenxa kaYesu Krestu.

6Kaloku iziBhalo zithi: “Ndikhethe ilitye elixabisekileyo. Lilitye lesiseko
endilibeka eZiyon. Nabani na ozinikelayo kuye akayi kudana.”

7Kuni, nina bazinikeleyo, eli litye lixabisekile, kodwa kwabo bangakholwayo:
“Kanye elo litye bâlideláyo abakhi suke laba lelona libalulekileyo lesiseko.”

8Lona: “Lilitye elikhubekisayo, ulwalwa olutyibilikisayo.” Kaloku
bayakhubeka kuba bengalithobeli ilizwi; phofu ke bamiselwe loo nto kakade.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Kambe ke nina niluhlanga olukhethekileyo, ababingeleli basebhotwe, isizwe esinyulu, imilowo yakwaThixo. UThixo unikhethele ukuze nivakalise isidima nesihomo sakhe. Kaloku wanibiza nisebumnyameni, wanizisa ekukhanyeni okumangalisayo.

10Ngoku nilusapho lukaThixo, nangona nanikade ningelulo; benikade nikude nenceba yakhe, kodwa ngoku niyifumene.

Isimilo somntu okholwayo

11Ndiyanibongoza, zihlobo zam, kaloku niziimbacu nabaphambukeli kweli lizwe! Ngoko ke phikisanani nayo iminqweno yesimo senu esidala. Kaloku yona ilwa nani ziqu.

12Izimilo zenu mazibe zihle kangangokuba nabahedeni baniqonde ukuba aninabala. Xa kunjalo ke baya kuthi nokuba bayanityhola ngokungcola, babuye bavume ukuba nimsulwa. Ngaloo ndlela ke baya kumdumisa uThixo ngomhla wokufika kwakhe.

13Ngenxa yeNkosi wathobeleni onke amagunya akhoyo. Ukumkani mthobeleni njengowongamileyo,

14nerhuluneli njengomphathiswa wakhe wokohlwaya abonayo, ancome abo balungisayo.

15Kaloku uThixo ufuna ukuba nithi ngenxa yezimilo ezihle nibatsho basikwe umlomo abo bangaqondiyo, ndawonye nezibhanxa.

16Ziphatheni njengabantu abakhululekileyo. Kambe ke inkululeko leyo mayingabi lokhusi lokungcola; koko ziphatheni njengezicaka zikaThixo.

17Hloniphani wonke umntu; wathandeni amakholwa, nimoyike uThixo, nimthobele osemagunyeni.

Umzekelo esiwunikwe nguKrestu

18Nina zicaka, bahlonipheni abo baniqeshileyo, nibathobele kangangoko. Le nto ke sanukuyenza kwabo banobubele nobuntu kuphela, koko yenzeni nakwabo bakhohlakeleyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

19Kaloku uThixo uyamthamsanqelisa umntu onyamezela ingcinezelo engonanga, kuba elangazelela okuthandwa nguThixo.

20Ewe, kaloku umntu akafumani nqaku xa enyamezela isohlwayo ngenxa yesono asenzileyo. Kodwa ke ukuba ùnyamezela ukuphatheka kabuhlungu naxa ungenzanga bubi, uThixo ungakuwe.

21Kakade nabizelwa loo nto; kaloku uKrestu waphatheka kabuhlungu ngenxa yenu, waza ngaloo ndlela wanishiya nomzekelo, ukuze nina nihambe ekhondweni lakhe.

22Yena zange one, engazange wakhohlisa.

23Naxa wayengcikivwa wayengaphindisi angcikive. Ngexesha lokuphatheka kabuhlungu akazange aqalekise, koko imeko yakhe wayinikela kulowo ugweba ngobulungisa.

24Izono zethu wazithathela kuye siqu, waxhonywa nazo emnqamlezweni, khon' ukuze thina siyeke ukuphilela ukona, koko siphilele ukulungisa. Ninyangwe ngamanxeba akhe.

25Nanilahlekile njengeegusha, kambe ke ngoku nibuyiselwe kuMalusi wenu onikhathaleleyo.

1 KaPetros 3

Amakhosikazi namadoda awo

1Ngokukwanjalo ke amakhosikazi makawalulamele amadoda awo. Amanye amadoda angekakholwa, xa ebona ukuziphatha kakuhle kwamakhosikazi, angazibhaqa selekholwa engakhange awuvule umlomo wona amakhosikazi.

2Ukunyaniseka kwawo, nenzondelelo yawo, iya kuzibonakalisa.

3Musani ukuhombela ukubukwa ngokuluka iinwele, nitsho ngezacholo zegolide nempahla engayiwayo.

4Isihombo senu masibe sesangaphakathi, esingagugiyo. Umoya omhle wobulali yinto ayixabisileyo uThixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Yayisisihombo samakhosikazi angcwele amandulo ke eso. Ayethembele
kuThixo, elulamela amadoda awo.

6Wayenjalo uSara. Wayelulamela uAbraham esithi “mhlekazi” kuye.
Niziintombi zakhe ke nina ukuba nenza okulungileyo ningenaxhala naloyiko.

7Amadoda ngokunjalo makahlalisane kakuhle namakhosikazi awo. Naxa
ingabantu ababuthathaka amakhosikazi la, makahlonitshwe; aziindlamafa
zesisa sikaThixo ngokulinganayo namadoda. Xa nenjenjalo ke akukho nto iya
kuwuphazamisa umthandazo wenu.

Ukutshutshiswa ngenxa yobulungisa

8Ndiphetha ngelithi: Velanani, nibe moya mnye. Thandanani, nenzelane
ububele, nilulamelane.

9Ningakhuphani zixhiba, nigwexane. Ndaweni yaloo nto thethani ngobulali.
Eyona nto nibizelwe yona yeyokuba nifumane ilifa leentsikelelo,

10nanjengoko zitshoyo iziBhalo ukuthi: “Lowo unga angabudla ubomi abe
nenkqubela makazilumle ekuthetheni kakubi, ayeke ukuthetha ubuxoki.

11Makahlukane nobubi, enze okulungileyo; makaphuthume uxolo, ahlale
kulo.

12Kaloku iNkosi iyawajonga amalungisa, iyiphulaphule imithandazo yawo.
Kodwa iyabafulathela abenzi bobubi.”

13Ngubani onganenzakalisayo xa nisenza okulungileyo?

14Phofu ke, nokuba ningatshutshiswa ngenxa yokwenza okulungileyo,
ikwalithamsanqa naloo nto. Ze ningoyiki nina, ningaxhali nokuxhala oku.

15Hlonelani iNkosi uKrestu ehleli kuni ngaphakathi, nihlale nilungele
ukuphendula nabani na onibuza ngethemba eniqamele ngalo.

16Kodwa loo nto ze niyenze ngobulali nangembeko, ningenasazela nganto,
ukuze nokuba niyanyenjwa, abo banihlebayo badane ngenxa yendlela
eniziphethe ngayo ukulandela uKrestu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Kaloku kungcono ukutshutshiswa ngenxa yobulungisa, xa kuyintando
kaThixo oko, kunokutshutshiselwa izenzo ezibi.

18Andithi noKrestu wafela izono zethu kwaba kanye qwaba! Yena elilungisa
nje wafela thina boni, esisondeza kuThixo! Wabulawa, kodwa wavuka
ngoMoya kaThixo,

19waza waya kushumayeza imiphefumlo eseluvalelweni.

20Abo ke ngabo bantu bangazange bamthobele uThixo naxa
wayebanyamezele ngemihla kaNowa. Ngabantu abambalwa nje – isibhozo
kuphela – abasindiswayo ngamanzi.

21Wona angumqondiso owalatha ubhaptizo olusindisa nina ngoku. Ubhaptizo
alukuko ukuhlanjwa kokungcola komzimba, lusisithembiso esenziwa kuThixo
ngomxhelo wonke. Lusindisa ngamandla okuvuka kukaKrestu

22owenyukela ezulwini, ohleli ewongeni ngakuThixo, elawula zonke
izithunywa zezulu nooziphathamandla noomagunya bakhona.

1 KaPetros 4

Ubomi obutsha

1Njengoko noKrestu wamelanayo nale ntlupheko yalo mhlaba, ngokunjalo ke
nani zimiseleni, nifuze yena. Kaloku umntu ocikidiweyo yintlupheko
uyalumleka esonweni,

2aze athi ke ngexesha asenalo emhlabeni angaphileli ukwanelisa iminqweno
yesimo esidala, koko aphilele ukwenza oko kuthandwa nguThixo.

3Ngoko ke lanele elaa xesha nilidlele ebuhedenini. Kaloku ngoko
naningooandikhathali, nibawa, ninxila, nithanda iziyunguma;
naningamakhoboka embarha; naninqula ngendlela elisikizi.

4Oontangandini ngoku bathe nqa kuba ningasahambi nabo kobo
bundlobongela bokuzibhubhisa. Yiyo le nto baninyelisayo.

5Kambe ke baseza kunika ingxelo kulowo uhlalele ukugweba abahleliyo
nabafileyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[6]Naso isizathu esabangela ukuba iindaba ezimnandi zishunyayelwe nakwabo bafileyo ngoku. Ewe, zashunyayelwa nakwabo babegwetyiwe njengamntu wonke, khon' ukuze ngokoMoya baphilele uThixo.

Ukusebenzisana

[7]Kuzo zonke izinto isiphelo sisemnyango. Ngoko ke hlalani nisezingqondweni, nikuqulele ukuthandaza.

[8]Ngaphezu koko ke hlalani nithandana, kuba kaloku uthando luyazingcwaba izono.

[9]Belezelanani ningenasikrokro.

[10]Umntu onikwe isiphiwo esithile nguThixo makasisebenzise ekuncedeni abanye, njengegosa lokwaba isisa sikaThixo esintlobo-ntlobo.

[11]Oshumayelayo makamele uThixo. Oncedisayo makancedise ngamandla awaphiwa nguThixo. Zonke izinto zenzeleni ukuze kunconywe uThixo ngenxa kaYesu Krestu. Kaloku sesakhe isidima namandla nanini nanini. Amen.

Ukutshutshiswa komKrestu

[12]Zihlobo zam, sanukumangaliswa yile ngcinezelo ingaka niphantsi kwayo, ngokungathi nibona umhlola.

[13]Ndaweni yaloo nto vuyani kuba nani ninenxaxheba kwingcinezelo kaKrestu; nto leyo iya kunenza nichulumache ngakumbi ngomhla wokubonakala kobungangamsha bakhe.

[14]Nithamsanqelekile ukuba niyathukwa ngenxa yokuba ningabakaKrestu. Kaloku loo nto icacisa ukuba uMoya osinika isidima, onguMoya kaThixo, unifukamele.

[15]Xa nibandezeleka makungabi ngenxa yobugwinta, ukûba, ubuqili, okanye ukuphixanisa.

[16]Kodwa ke ukuba umntu ubandezeleka kuba engumKrestu, makangabi nazintloni, koko makadumise uThixo ngenxa yelo gama.

© 1996 Bible Society of South Africa.

17Kaloku lifikile ixesha lokuba umgwebo uqale; ibe ke uza kuqala endlwini
kaThixo ngenkqu. Ukuba ke uqala kuthi, soba yintoni ke isiphelo sabo
bangavumiyo ukuzithobela iindaba ezimnandi zikaThixo?

18Njengoko neziBhalo zisithi: “Nelungisa eli lisindiswa nzima. Kobeka phi ke
kumqhankqalazi nomoni?”

19Ngoko ke abo babandezeleka kuba uThixo ethanda, mabazinikele
ngokupheleleyo ngemisebenzi emihle kuMdali wabo, kuba usoloko
ethembekile.

1 KaPetros 5

Umhlambi kaThixo

1Ke kaloku ndibhenela kumadoda amakhulu alapho phakathi kwenu. Nam
kaloku ndikwayindoda enkulu; futhi ndikwalingqina ngeembandezelo
zikaKrestu. Kambe ke ndinaso nesabelo kubuqaqawuli obuza kuvela.

2Waluseni umhlambi kaThixo eniphakathi kwawo. Lo msebenzi ke
sanukuwenza kuba ninyanzelekile, koko wenzeni nizimisele, njengoko
noThixo ethanda njalo. Sanukusebenza kuba nincwase inzuzo, koko
sebenzani ngokuzinikela.

3Sanukulawula ngegqudu, koko yibani ngumzekelo kuwo umhlambi.

4Uya kuthi ke akufika uMalusi omkhulu, nizuze isithsaba esinesidima,
esingasoze sitshitshe.

5Kwangaloo ndlela ke nani, bafana, walulameleni amadoda amakhulu. Xa
ninonke ke ngoko yithani wambu ukuthobelana. Kaloku uThixo ubachasile
abo banekratshi, kodwa unesisa kwabathobekileyo.

6Ngoko ke zithobeni phantsi kwesandla sikaThixo esinamandla; yena ke uya
kuniphakamisa ngexesha elifanelekileyo.

7Ziphoseni kuye zonke iingxaki zenu; kaloku nguye onalusayo.

8Hlalani nithe qwa, nilumke! Kaloku ummangaleli wenu umtyholi ugquma
njengengonyama. Uyajikeleza; uzingela umntu angamqwengayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Yimani ningahexi elukholweni, nimchase. Khumbulani ukuba namanye amakholwa athubeleza kwiimbandezelo ezikwanjalo apha emhlabeni.

10Kodwa ke, emva kwezo mbandezelo zomzuzwana, uThixo umthombo wesisa owanibizayo ngokumanywa kwenu noKrestu, khon' ukuze nibe nenxaxheba kubuqaqawuli bakhe obungapheliyo, uya kunihlaziya anomeleze, anixhobise, nime ngxishi.

11Kaloku akuye amandla ngoku nangonaphakade. Amen.

Isiphetho

12Ngoncedo lukaSilas, ikholwa elithembekileyo njengoko ndiqonda, ndinibhalele le ncwadana ndinikhuthaza. Ngokunjalo ndiyangqina ukuba esi sisisa sikaThixo ngenene. Ngoko ke yimani kuso ningahexi.

13Liyabulisa ibandla eliseBhabheli, nalo linyuliwe nguThixo njengani. Uyanibulisa nonyana wam uMarko.

14Bulisanani niqhutywa luthando. Makube luxolo kuni nonke nina bakaKrestu!

© 1996 Bible Society of South Africa.

2 KaPetros

2 KaPetros 1

Isingeniso

1Kubhala mna sicaka sikaYesu Krestu nomthunywa wakhe, uSimon Petros.
Ndibhalela nina bathe ngenxa yobulungisa bukaThixo noMsindisi wethu
uYesu Krestu nânokholo olunjengolwethu ukuxabiseka.

2Nanga ngenxa yokwazana kwenu noThixo kwakunye noYesu iNkosi yethu,
ningenzelwa isisa, niphiwe noxolo ngakumbi nangakumbi.

Ukubizwa nokunyulwa nguThixo

3Ngamandla akhe uThixo usenzele zonke izinto eziyimfuneko ebomini, ukuze
siziphathe ngokwentando yakhe; nokuze sazane nalowo usibizileyo, khon'
ukuze sibuxhamle ubuqaqawuli nesidima sakhe.

4Ezi zipho zisisiqinisekiso sezinto ezinkulu nezimangalisayo asenzela zona:
uThixo usenza sibe nenxaxheba kubomi bakhe, sikuphephe ukonakaliswa
lihlabathi elikhohlakeleyo.

5Ngenxa yaloo nto ke kufuneka nenze unako-nako ukongezelela ukholo
ngesidima, nesidima ngengqiqo,

6ingqiqo ngokuzeyisa, nokuzeyisa ngonyamezelo, unyamezelo ngembeko,

7nembeko ngokuhlobana, nokuhlobana ngokuthanda abantu bonke.

8Xa ninazo ngokwaneleyo, zisanda ngokwanda ezi zinto, zonenza nikhuthale
nivelise neziqhamo, nazane nokwazana ngenene neNkosi yethu uYesu Krestu.

9Kaloku umntu ongenazo ezi mpawu, yimfama, ubona kufuphi, uyalibala
nokuba izono zakhe zangaphambili sewazixolelwa.

10Ngoko ke, mawethu, kulangazeleleni ngakumbi ukuqinisekiswa kokubizwa
nokunyulwa kwenu nguThixo. Kaloku ukuba niyayenza loo nto, aninakuze
niwe konke.

11Leyo yindlela eniya kungena ngayo ekuxhamleni ubuncwane bokulawulwa
amaxesha onke yiNkosi noMsindisi wethu uYesu Krestu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Ngenxa yaloo nto ke, ndiya kusoloko ndinikhumbuza ezi zinto, naxa nizaziyo nje, nisekelwe ngokuthe nkqi enyanisweni leyo ninayo.

13Ndiba yimfanelo yam, lo gama ndisaphilayo, ukuba ndinikhwezele ngokumana ndinikhumbuza.

14Kaloku ndiyazi ukuba sendiza kuwushiya lo mhlaba. Sele wandazisayo kaloku uYesu Krestu iNkosi.

15Ndaye ndiza kwenza indlela yokuba nihlale nizikhumbula ezi zinto naxa ndingasekhoyo.

Amangqina awasibona ngamehlo isihomo sikaKrestu

16Ngokuya sasinixelela ngamandla eNkosi yethu uYesu Krestu nangokuza kwayo, sasinganenzeli ntsomi emini. Isihomo nesithozela sayo sasibona ngala wethu amehlo.

17Ngokuya yayinikwa iwonga nobuqaqawuli nguThixo uYise sasikho. Sasikho naxa kwakuvakala ilizwi livela kuSobuqaqawuli, lisithi: “Lo nguNyana wam oyintanda, ondikholisayo.”

18Leviwa sithi aba elo lizwi lalivela ezulwini, sikunye naye uYesu phezu kwaloo ntaba ingcwele.

19Ngoko ke ubungqina bodaba lwabashumayeli bamandulo bucaca ngakumbi. Ke xa niluthathela ingqalelo udaba lwabo noba niyakholisa. Olo daba ke luthatheni njengesibane sokukhanyisa ebumnyameni, lide livele ikhwezi lokusa, lithi chapha ezingqondweni zenu ilitha lomsobomvu.

20Kanti ke, ngaphezu koko, ze nikhumbule ukuba akukho mshumayeli wakha wazihlalutyela ngokwakhe udaba lweziBhalo.

21Kaloku udaba lukaThixo aluzanga ngokuzithandela komntu, koko abantu baluthetha udaba lukaThixo beqhutywa lifuthe loMoya oyiNgcwele.

2 KaPetros 2

Abafundisa ubuxoki

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1KwaSirayeli babekho abashumayeli abaxokayo; ngokunjalo ke naphakathi
kwenu baza kubakho abafundisa ubuxoki. Bona baza kunyebelezisa
iimfundiso ezidala intshabalalo. Baya kuphika nkqu neNkosi le ibasindisileyo,
baze ngokwenjenjalo bazibizele intshabalalo ekhawulezileyo.

2Baninzi abaya kubalandela kwezo ndlela zabo zokungcola. Yona indlela
eyinyaniso baya kuyingcikiva.

3Ngenxa yokunyoluka kwabo aba bafundisi baya kuniqhatha, khon' ukuze
banixhaphaze, bafumane inzuzo. Kodwa ke sona isigwebo abasimisélwa
kwantlandlolo sijinga phezu kwabo; umtshabalalisi akalali, ulinde bona.

4Izithunywa ezathi zôna uThixo akazange abe natarhu kuzo, koko wazithatha
waziqamangela ngamatyathanga, waziphosa esithokothokweni sesihogo;
apho zihleli khona ngoku, zilinde umhla womgwebo.

5UThixo akazange alisindise ihlabathi lamandulo, koko wabatshabalalisa
ngonogumbe abo bantu bangakhathalele Thixo. Abantu abasindayo
nguNowa, umshumayeli wobulungisa, kunye nabanye abasixhenxe.

6Iidolophu zaseSodom naseGomora uThixo wazigweba wazitshabalalisa; ewe,
wazitshisa zaluthuthu, khon' ukuze zibe ngumzekelo kumaxesha azayo,
kwabo bangamthobeliyo uThixo.

7-8Kambe ke wamsindisa uLothe indoda eyayinembeko. Kaloku elo lunga
lomfo lalingonwabanga phakathi kwabo bantu bangakhathalele mthetho,
bengaloyiki nehlazo. Ewe, amanyundululu awayewabona, eweva mihla le,
ayemngcungcuthekisa.

9Kodwa ke iNkosi iyabahlangula ezilingweni abantu abayithobelayo. Ke bona
abangayithobeliyo ibagcinele ukubohlwaya ngomhla womgwebo;

10ngakumbi ke abo baqweqwediswa ziinkanuko zokungcola, bedela
noomagunya. Aba bafundisi ngoodelihlazo abakhukhumeleyo; abanambeko,
futhi bayazingcikiva nezithwala-ndwe zaphezulu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11Kanti ke nezithunywa zezulu nakuba zingaphezulu nje kubo ngamandla namagunya, azibenyelisi xa zibamangalela eNkosini.

12Aba bantu bafana nezilwanyana zasendle, zona zizalwa zibe ngoomabonwabulawe. Bayazenyelisa izinto abangaziqondiyo. Nabo baya kutshabalala njengezilwanyana.

13Ewe, isikhuni siya kubuya nomkhwezeli. Ngakwicala leziyolo namanyala bangooncanyelweni. Bayawaxabhela amatheko enu ngokuhlala nani nitye kunye. Kaloku abasenakuzinceda ngobundlobongela nenkohliso.

14Basoloko becel' amehlo kubafazi abangenazimo. Amehlo abo asoloko elambele ukona. Bayabathiyela bababambise abantu abangaqondiyo. Ukunyoluka ngumkhwa abawaziyo; kambe ke baphantsi kwesiqalekiso!

15Bayilahlile eyona ndlela, baza bahola. Bona bahamba ngendlela kaBhalam unyana kaBhehore owakhetha ukona, khon' ukuze azuze imali;

16nto leyo yenza ukuba akhalinyelwe. Ewe, kaloku idonki yathetha ngelizwi lomntu ukugxotha ububhanxa baloo mshumayeli.

17Aba bafundisi bafana nemithombo engampompozi manzi; bafana namafu aqhutywa luqhwithela. Indawo abalungiselelwe yona sisithokothoko senzonzobila.

18Banamabhongo, futhi bathetha amazwi aphuthileyo, baze bathi ngemikhuba yabo yokuzibhubhisa beyelisele abantu abangekaphuncuki kakuhle kwiindlela ezigwenxa.

19Babathembisa inkululeko, kodwa bona ngokwabo basabopheleleke kwimikhwa yokuzibhubhisa. Kaloku umntu uba likhoboka layo nayiphi na into angalumlekiyo kuyo.

20Ukuba abantu bathe ngokwazana neNkosi yethu uYesu Krestu baphuncuka kwizidyobho zehlabathi, baze baphinde babuyele kwakuzo zibakhoboze, isiphelo sabo sibi kunesiqalo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21Ngekubhetele ukuba babengayazanga eyona ndlela, kunokuba bathi
sebeyifumene bajike, bawulahle umyalelo kaThixo ababewunikiwe.

22Kwabanjalo ke liyinene iqhalo elithi: “Inja ibuyele umhlanzo wayo;ihagu
ehlanjiweyo ibuye yazityikitya eludakeni.”

2 KaPetros 3

IMini yeNkosi iyeza

1Zihlobo zam, yeyesibini le ngoku incwadi endinibhalela yona. Kuzo zombini
ezi ncwadi bendizama ukuvuselela iingcinga ezintle ezingqondweni zenu.

2Bendinikhumbuza izinto ezathethwa ngabashumayeli abangcwele mandulo,
kwanemiyalelo yeNkosi noMsindisi enayixelelwayo ngabathunywa.

3Mayisicacele into yokuba imihla yokugqibela iza nabantu abangoodelihlazo
nabagxeki.

4Baza kunenza intlekisa besithi: “Wayethe uya kubuya eze. Úphi kaloku
ngoku? Oobawo sebafa, yaye into yonke isenjengoko yayinjalo
kwasekusekweni kwehlabathi!”

5Bakhetha ukuyilibala abo bantu into yokuba amazulu la ayekho kakade
kwasekuqaleni, nokuba ihlabathi eli ladalwa ngamanzi ngelizwi likaThixo.

6Yaye latshatyalaliswa kwangamanzi; nditsho amanzi kanogumbe.

7Kanti ke kwaesi sibhakabhaka sikhoyo nehlabathi zigcinwe kwalelo lizwi
likaThixo. Zilinde umhla ekuya kugwetywa ngawo ngomlilo kutshatyalaliswe
abantu abangamkhathalelanga uThixo.

8Ze nikhumbule le ndawo ke, zihlobo zam: umhla omnye kuThixo uyafana
newaka leminyaka, newaka leminyaka lifana nomhla omnye.

9Ke iNkosi ayikubambezeli ukuzalisekiswa kwesithembiso esenzileyo,
njengoko abanye baba kunjalo. Nto nje ininyamezele kuba ingafuni
kutshabalale mntu. Koko ifuna wonke ubani afumane ithuba lokuguquka.

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Ke yona iMini yeNkosi iya kufika njengesela ingalindelekanga.Ngaloo mini amazulu aya kutsho ngenzwinini yengxolo, aze ke wona aphel' emehlweni. Ngokunjalo neziseko zawo ziya kutshiswa ngumlilo ziphele. Wona umhlaba nako konke okukuwo kuya kusala kuze; uya kunyamalala.

11Xa ke eli phakade liza kutshabalala kanje, ngaba kufuneka nithini nina? Kufuneka nizinikele ngokupheleleyo, niphile ubomi obunyulu.

12Kufuneka nenze unako-nako, nilangazelela ukuba ikhawuleze imini kaThixo. Ewe, loo mini iya kuwalenya ngomlilo amazulu atshabalale; ngokunjalo neziseko zawo ziya kunyibilika.

13Kambe ke thina silindele isithembiso sikaThixo, samazulu nehlabathi elitsha, apho kuya kulawula ucwangco.

14Zihlobo zam, njengoko ke nisajong' enkalweni kweli dinga, hlalani nilungelelene noThixo; ningenabala, ningakhalazeleki nganto kuye.

15Qondani kakuhle ukuba umonde weNkosi ufezekisa usindiso lwenu. Andithi kaloku nowethu othandekayo uPawulos utsho kwiincwadi zakhe azibhala phantsi kwefuthe nobulumko bukaThixo!

16Kambe ke unjalo kakade xa ethetha ngale nyewe. Phofu ke kukho iindawo ezinzima ezincwadini zakhe. Ke zona izityhakala nabathandabuzi bazitolika gwenxa, njengoko besenza kakade eziBhalweni. Ngokwenjenjalo ke bazibizela intshabalalo.

17Ke nina, zihlobo zam, senilunyukisiwe. Ngoko ke lumkani, hleze aba basweli-kuqiqa banilukuhlele kwezo mpazamo zabo. Ngoko ke yimani ningagungqi.

18Ewe, kholosani ngesisa seNkosi, nikhule nakuko ukwazana neNkosi noMsindisi wethu uYesu Krestu. Bobakhe ubungangamsha ngoku nangonaphakade! Amen.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1 KaYohane

1 KaYohane 1

ULizwi uSobomi

1Ndibhala ndinibalisela ngoLizwi uSobomi, owayekho kwasekuqaleni.
Sasithetha naye, simbona ngamehlo, simbukela, sigudlana naye ngamacala.

2Uthe akuvela sambona. Yiyo ke le nto ndinibaliselayo ngaye, ndinixelela
ngaye uSobomi owayehleli ekho kunye noYise kwasekuqaleni, node
wabonakala nakuthi.

3Nani ke sinixelela ngesimbonileyo, sathetha naye, khon' ukuze nani
nibuxhamle nathi ubudlelane esinabo kunye noYise noNyana wakhe uYesu
Krestu.

4Le ncwadi ke ndinibhalela ukuze sonwabe ngokupheleleyo sonke.

UThixo ukukukhanya

5Nalu ke udaba endaluva ngoNyana kaThixo, nendinixelela lona: UThixo
ukukukhanya; abukho konke kuye ubumnyama.

6Xa ke sithi sinobudlelane noThixo, kodwa sibe sihleli ebumnyameni, sithetha
ubuxoki, nezenzo zethu azingqinelani nenyaniso.

7Kodwa ke ukuba sihleli ekukhanyeni njengaye uThixo, siba nobudlelane. Ke
lona igazi likaYesu uNyana wakhe lisihlambulula kuso sonke isono.

8Xa sithi asinasono siyazikhohlisa, asinanyani mpela.

9Kodwa ke, ukuba siyazivuma izono zethu, uThixo uthembekile, ulilungisa;
wosixolela izono zethu, asihlambulule kuko konke ukungalungisi.

10Kanti xa sithi asizange sone, simenza ixoki uThixo, yaye nelizwi lakhe
alikho kuthi.

1 KaYohane 2

UKrestu ummeli wethu

© 1996 Bible Society of South Africa.

1Ndinibhalela nje, bantwana bam, ndifuna niyeke ukona. Kambe ke xa kukho umntu othe wona ukhona ummeli wethu kuBawo, nditsho uYesu Krestu olilungisa.

2Ewe, kaloku nguye idini elicamagushela izono zethu. Phofu akacamagusheli ezethu kuphela, koko ucamagushela ezehlabathi liphela.

3Into ebonakalisa ukuba siyazana noThixo kukuba siyithobele imiyalelo yakhe.

4Umntu othi uyazana naye, abe kodwa engayithobeli imiyalelo yakhe, uyaxoka; ukude nenyaniso.

5Kambe ke yena olithobelayo ilizwi lakhe, uthando lukaThixo luyondelelene kuye. Nantsi ke into ecacisa ukuba simanyene noThixo:

6Lowo uthi umanyene naye makaziphathe ngohlobo awayeziphethe ngalo uYesu Krestu.

Umyalelo omtsha

7Zihlobo zam ezithandekayo, lo myalelo ndinibhalela wona awumtsha, mdala; ngulowa nawunikwayo kwasekuqalekeni. Lo myalelo mdala ke ludaba eseniluvile.

8Ewe kambe, lo myalelo ndinibhalela wona mtsha; ubunyani bawo bubonakaliswa nini nanguYesu Krestu. Kaloku ubumnyama buyadlula; ke okona kukhanya sekuvelile.

9Umntu othi usekukhanyeni, abe kodwa emthiyile uwabo, usesebumnyameni unangoku.

10Kodwa yena umntu omthandayo uwabo, uhlala ekukhanyeni; yaye akukho nto ikhubekisayo kuye.

11Kambe yena umntu omthiyileyo uwabo usebumnyameni, uyamfamzela; akazi nalapho aya khona, kuba ubumnyama bummfamekisile.

12Ndiyanibhalela, bantwana bam, kuba kaloku izono zenu zixolelwe ngenxa kaKrestu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

13Ndiyanibhalela nani, boyise, kuba kaloku niyamazi lowo wayekho kwasekuqalekeni. Ngokunjalo ndiyanibhalela nani, lutsha, kuba nimoyisile umtyholi.

14Bantwana, ndinibhalela nje, kungoba niyamazi uBawo. Boyise, ndinibhalela nje, kungenxa yokuba nimazi lowo wayekho kwasekuqalekeni. Lutsha, ndiyanibhalela kuba kaloku nina nomelele, nelizwi likaThixo linifukamele, ibe ke nomtyholi nimoyisile.

15Musani ukulithanda ihlabathi, nezinto zalo ngokunjalo. Nabani na olithandayo eli hlabathi akazani nothando lukaThixo.

16Kaloku zonke izinto zeli hlabathi – iinkanuko zesimo esonakeleyo, ukubawa, namagugu obu bomi – aziveli kuThixo, koko zizinto zeli hlabathi.

17Ihlabathi nazo zonke izinto ezinqwenelwa ngabantu zezomzuzwana, ziyadlula, kodwa yena owenza ukuthanda kukaThixo uya kuhlala ehleli.

Umchasi-Krestu

18Bantwana bam, isiphelo sisemnyango! Kaloku nanivile ukuba umchasi-Krestu uyeza. Nangoku ke sebevele babaninzi abamchasayo uKrestu. Yiloo nto ke esenza siqonde ukuba isiphelo sisemnyango.

19Aba bantu bakreqa apha kuthi, kuba babengekho ngakuthi kakade; kaloku ukuba babengakuthi ngebabengakreqanga. Ke kaloku basishiyile, khon' ukuze kucace ukuba babengengabo abethu ncam.

20Kodwa ke nina uKrestu unithambise ngoMoya oyiNgcwele; ngoko ke nonke ninolwazi.

21Ndinibhalela nje ke akungakuba ningayazi inyaniso; hayi, kungenxa yokuba niyazi, futhi ke niqonda ukuba ubuxoki abuveli enyanisweni.

22Ngaba ngubani ixoki xa ingenguye lowo uphikayo ukuba uYesu unguKrestu? Umntu onjalo ungumchasi kaKrestu. Akamvumi uYise kwanoNyana.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

23Kaloku omphikayo uNyana uyamphika kwanoYise; ukanti ke omamkelayo
uNyana umamkele noYise.

24Ngoko ke olo daba naluvayo kwasekuqaleni lugcineni ezintliziyweni zenu.
Ukuba ke olo daba naluvayo kwasekuqaleni luhleli kuni, nani niya kusoloko
nimanyene noNyana ngokunjalo noYise.

25Into awayesithembise yona ke uKrestu bubomi obungunaphakade.

26Ndinibhalela ezi zinto mayela nabo banikhohlisayo.

27Kodwa ke nina uKrestu unithambise ngoMoya oyiNgcwele. Ngalo lonke
ixesha uMoya wakhe ehleli kuni anidingi kufundiswa mntu. Kaloku uMoya
uyanifundisa yonke into, ibe ke imfundiso yakhe ayibobuxoki, yinyani.
Ngoko ke yithobeleni imfundiso kaMoya, nize nihlale nimanyene noKrestu.

Abantwana bakaThixo

28Ewe, bantwana bam, hlalani nimanyene noKrestu ukuze sibe nesibindi
akuvela; ngokunjalo singabi naziintloni ngeMini yokufika kwakhe.

29Niyazi ukuba uKrestu ulilungisa; ngokunjalo ke qondani ukuba nawuphi na
umntu owenza okulungileyo ungumntwana kaThixo.

1 KaYohane 3

1Hayi ubukhulu bothando lukaThixo uYise kuthi! Uthando lwakhe lukhulu
kangangokuba ude athi uThixo singabantwana bakhe. Kambe ke singabo
ngenene. Yiyo loo nto lingasiqondi nje ihlabathi; noThixo kaloku alimazi.

2Bahlobo bam, singabantwana bakaThixo ngoku, kodwa ke into esiya kuba
yiyo ayikacaci. Siyazi kambe ukuba akufika uKrestu siya kufana naye, kuba
soba simbona njengoko anjalo.

3Wonke umntu oneli themba kuKrestu uzenza nyulu kanye njengokuba
noKrestu enyulu.

4Umntu owenza isono waphula umthetho kaThixo. Isono kaloku kukwaphula
umthetho.

© 1996 Bible Society of South Africa.

5Niyazi kaloku ukuba uKrestu weza kucamagushela isono; ibe ke akanasono yena.

6Ngoko ke lowo umanyene noKrestu uyazilumla esonweni. Lowo ungazilumliyo esonweni akakamboni uKrestu, engazani nokwazana naye.

7Musan' ukulahlekiswa, bantwana bam: Ngumntu olungisayo olilungisa, kanye njengoko noKrestu elilo.

8Umntu ongumoni ufuze uSathana, yena wonayo kwasekuqaleni. UNyana kaThixo ke wezela kanye into yokuba abhangise umsebenzi kaSathana.

9Lowo ke ungumntwana kaThixo akoni rhoqo. Kaloku uzelwe nguThixo yena. Umntwana kaThixo kaloku akanakuhlalela ukona.

10Nguwo lo ke umahluko phakathi kwabantwana bakaThixo nabakaSathana: Umntu ongenzi okulungileyo nongawathandiyo amanye amakholwa, asingomntwana kaThixo.

Thandanani

11Kaloku sanikwa lo myalelo wokuba sithandane kwasekuqaleni.

12Masingafani noKayen ke owafuza umtyholi wagwinta umntakwabo.Kwakutheni ukuze amgwinte umntwakwabo? Kwakungenxa yokuba izenzo zikaKayen zazigwenxa, kodwa ezomntakwabo zazilungile.

13Bahlobo bam, sanukumangaliswa xa abantu beli hlabathi benithiyile.

14Kaloku thina siphumile ekufeni sangena ebomini. Loo nto ke icaciswa kukuba siyawathanda amawethu. Umntu ongenalo uthando usantyumpantyumpeka ekufeni.

15Nabani na ke omthiyileyo uwabo sisigwinta, ibe ke niyazi ukuba akukho sigwinta sinabo ubomi obungunaphakade.

16Inkqu yothando siyibona kule nto yokuba uKrestu anikele ubomi bakhe ngenxa yethu. Ngokunjalo ke nathi sifanele ukuba sibunikele ubomi bethu ngenxa yamawethu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Ukuba umntu omi kakuhle ngezinto zobu bomi ubona uwabo eswele, aze amvimbe into engamncedayo, angatsho njani loo mntu ukuba unalo uthando lukaThixo entliziyweni yakhe?

18Bantwana bam, uthando lwethu malungabi lolomlomo nje kuphela, koko malube lolungahanahanisiyo, lubonakaliswa ngezenzo.

Aninasazela phambi koThixo

19Nantso ke into ebonakalisa ukuba singabenyaniso, yaye asinasazela phambi koThixo.

20Kanti ke, nokuba siyalahlwa sisazela sethu, yena uThixo osaziyo ngokupheleleyo, unenceba kunesazela sethu.

21Ewe, zihlobo zam, xa singalahlwa sisazela asibi naxhala phambi koThixo.

22Zonke izinto esizicelayo kuye, siyazifumana; kuba kaloku siyayifezekisa imiyalelo yakhe, siyenze intando yakhe.

23Umyalelo wakhe uthi masizinikele kwigama loNyana wakhe uYesu Krestu, sithandane nanjengokuba wasiyalelayo.

24Wonke umntu oyithobelayo imiyalelo kaThixo umanyene noThixo, noThixo uhlala kuye. Into ecacisa ukuba uThixo uhlala kuthi nguMoya lo asinike yena.

1 KaYohane 4

UMoya wenyaniso nomoya wobuxoki

1Zihlobo, musan' ukusuka nikhokelwe nje nanguwuphi na umoya. Wonke umoya wuvavanyeni, nikhangele ukuba ngaba uvela kuThixo na. Kaloku baninzi abashumayeli abanefuthe lobuxoki abajikeleza elizweni.

2Ningawuphawula ngale nto ke wona umoya ovela kuThixo: Ukuba umntu uyavuma ukuba uYesu Krestu weza engumntu, unoMoya ovela kuThixo.

3Kanti ke ukuba akayivumi loo nto, akanaye uMoya ovela kuThixo loo mntu unjalo. Loo moya anawo ngokamchasi-Krestu. Nanivile ukuba uya kuze afike; ukho ke ngoku ehlabathini.

© 1996 Bible Society of South Africa.

4Ke nina, zihlobo zam, ningabantwana bakaThixo. Ninamandla kunabashumayeli abaxokayo. Kaloku lowo ninefuthe lakhe mkhulu kunalowo linefuthe lakhe ihlabathi.

5Bona bangabehlabathi, nemfundiso yabo ikwayeyasehlabathini. Yiyo ke loo nto libevayo ihlabathi.

6Kodwa thina singabantwana bakaThixo. Ke umntu owazanayo noThixo uyasiva. Kodwa lowo ungengokaThixo akasiva. Siwuqonda ngaloo nto ke umahluko phakathi kwefuthe lenyaniso nefuthe lobuxoki.

UThixo uluthando

7Zihlobo zam ezithandekayo, masithandane; kuba kaloku uthando luvela kuThixo. Nawuphi na umntu onalo uthando uzelwe nguThixo, futhi uyamazi uThixo.

8Kodwa yena ongenalo uthando akamazi uThixo, kuba uThixo uluthando.

9Nantsi indlela asibonise ukusithanda kwakhe ngayo uThixo: Wathumela uNyana okuphela kwakhe emhlabeni, ukuze thina sidle ubomi ngaye.

10Lunje ke olu thando: Ayisithi esamthandayo uThixo, koko nguye owasithandayo, wasinika uNyana wakhe, ukuze acamagushele izono zethu.

11Zihlobo zam ezithandekayo, xa ke uThixo asithande ngolu hlobo nathi simelwe kukuthandana.

12Nangona uThixo engazanga wabonwa mntu nje, uhlala emanyene nathi ukuba siyathandana, luthi nothando lwakhe luyondelelane kuthi.

13Siyazi ukuba sihlala simanyene naye, naye uhlala emanyene nathi, kuba usinike isabelo soMoya wakhe.

14Ngaphezu koko nathi sizibonele, saye siyangqina, ukuba uYise wamthuma uNyana ukuze asindise ihlabathi.

15Nawuphi na umntu ovumayo ukuba uYesu nguNyana kaThixo, uhlala emanyene noThixo, noThixo uhlala emanyene naye.

© 1996 Bible Society of South Africa.

16Ngoko ke nathi ngokwethu siyalwazi, saye sikholosa ngalo uthando aluthululele kuthi uThixo. UThixo uluthando, yaye nabani na ohlala eluthandweni uhlala emanyene noThixo, noThixo uhlala emanyene naye.

17Xa uthando lukaThixo luyondelelene kuthi, asiyi koyika ngomhla womgwebo, kuba sohlala kweli hlabathi njengoko uKrestu wayesoloko enjalo ehlabathini.

18Alukho uloyiko apho kukho uthando, kuba uthando oluyondeleleneyo luyakugxotha ukoyika. Kaloku emntwini owoyikayo uthando alukayondelelani, kuba ukoyika kuhambisana nesohlwayo.

19Sinalo ke uthando kuba thina sathandwa nguThixo kuqala.

20Umntu othi uyamthanda uThixo kodwa abe emthiyile uwabo, ulixoki. Kaloku ukuba akamthandi uwabo lo ambonayo, akanako ukumthanda uThixo angamboniyo.

21Nguwo lo umyalelo esiwunikwe nguKrestu ngenkqu: Ukuba umntu uyamthanda uThixo, makamthande nowabo.

1 KaYohane 5

Ukoyisa ihlabathi

1Nawuphi na umntu okholwayo ukuba uYesu unguKrestu, ungumntwana kaThixo; yaye ke nabani na omthandayo umzali uyamthanda nomntwana.

2Ukuba siyamthanda uThixo siyithobela nemiyalelo yakhe, loo nto luphawu lokuba siyabathanda abantwana bakhe.

3Kaloku ukumthanda uThixo kuhambisana nokuthobela imiyalelo yakhe. Ke yona imiyalelo kaThixo ayinzima kuthi.

4Kaloku wonke umntwana kaThixo uyaloyisa eli hlabathi. Ke kaloku ihlabathi siloyisa ngokukholosa ngoThixo.

5Akukho mntu unokuloyisa ihlabathi ngaphandle kwalowo ukholwayo ukuba uYesu nguNyana kaThixo.

Ubungqina ngoYesu Krestu

© 1996 Bible Society of South Africa.

6Ebomini bukaYesu kwaqaqamba amanzi negazi. Kambe ke asingomanzi odwa, koko ngamanzi negazi. UMoya ngokwakhe uyayingqina le nyaniso; kaloku uMoya ngumthombo wenyaniso.

7Ke amangqina mathathu,

8ayangqinelana: uMoya, amanzi, negazi.

9Obu ke bubungqina obuvela kuThixo ngoNyana wakhe, ibe ke buthembekile. Kambe ke thina siyabamkela nobungqina babantu.

10Okholwayo kuNyana kaThixo nentliziyo yakhe iyangqina; kambe ke yena ongakholwayo kuThixo, umenza ixoki ngokungabamkeli ubungqina obuvela kuThixo ngoNyana wakhe.

11Nabu ke obo bungqina: bukukuba uThixo usinike ubomi obungenasiphelo, bomi obo sibuzuza ngokumanywa noNyana.

12Umntu omfumeneyo uNyana, ubufumene ubomi; kanti ke yena ongekamfumani uNyana kaThixo, akanabo ubomi.

Ubomi obungenasiphelo

13Ndibhala nje ndifuna niqonde, nina nikholwayo kwigama loNyana kaThixo, ukuba ninobomi obungenasiphelo.

14Ngoko ke sisondela singenaxhala kuThixo, sisazi ukuba uyasiphulaphula xa sicela silungele ukwenza loo nto athanda ukuba siyenze.

15Njengokuba ke sisazi ukuba uyaziphulaphula izicelo zethu, ngokunjalo ke siyazi ukuba izinto esizicelayo sesiziphiwe.

16Xa umntu ebhaqe uwabo ephazama, makamthandazele kuThixo ukuze aphile. Le nto ke inxulumene nabo bazono zingakhokeleli kufeni. Kaloku zikho izono ezikhokelela ekufeni; anditsho ke ukuba ezinjalo zithandazeleni kuThixo.

17Nakuba konke ukungalungisi kusisono nje, azikhokeleli ekufeni ngokufanayo zonke izono.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

18Siyazi ukuba umntwana kaThixo akoni rhoqo. Kaloku uNyana kaThixo uyamgcina, ukuze umtyholi angamchukumisi.

19Siyazi thina ukuba silusapho lukaThixo; kanti ke bona abantwana beli hlabathi balawulwa ngumtyholi.

20Siyazi ukuba uNyana kaThixo ufikile wasinika ukuqonda, ukuze simazi uThixo onguye ngenene. Thina simanywe nalowo unguThixo ngenene, kuba kaloku simanywe noNyana wakhe uYesu Krestu. Yena ke unguThixo ngenene; nguye obona bomi bungenasiphelo.

21Bantwana bam, zilumkeleni izithixo!

© 1996 Bible Society of South Africa.

2 KaYohane

2 KaYohane 1

Isingeniso

1Indoda enkulu ibhalela udade onyuliweyo kunye nabantwana
bakhe.Ndinithanda ngenene, phofu ke asindim ndedwa koko bonke abayaziyo
inyaniso bayanithanda.

2Kaloku inyaniso ihlala kuthi, ibe ke siya kuhlala sinayo nanini na!

3Isisa, inceba, noxolo mazihlale kuthi ngenyaniso nothando. Kaloku zona
siziphiwa nguThixo uBawo wethu, noYesu Krestu uNyana kaThixo uYise.

Inyaniso nothando

4Ndibe nochulumacho ukufumanisa ukuba abanye kubantwana bakho bahleli
enyanisweni, kanye njengoko sayalelwayo nguBawo.

5Ndiyakucela, dade othandekayo, andikuniki myalelo mtsha, koko
ndikukhumbuza ngalowo sawunikwayo kwasekuqaleni – ewe, nditsho lo uthi
masithandane.

6Olu thando ndithetha ngalo ke kukuyithobela imiyalelo kaThixo. Lo myalelo
ke nawunikwa kwasekuqaleni, ukuze ubomi benu bulawulwe luthando.

7Kukho abakhohlisi abaninzi abathe saa apha elizweni. Bona bayaphika
ukuba uYesu Krestu waba ngumntu ngokupheleleyo. Abantu abanjalo
ngabakhohlisi, abachasi-Krestu.

8Ngoko ke zilumkeleni, hleze niphulukane nayo into ebeniyisebenzela.
Zabalazani, khon' ukuze nilifumane linjengoko linjalo ibhaso lenu.

9Umntu onganamatheliyo emfundisweni kaKrestu, lowo uhambela kude kuyo,
akanaThixo. Kanti ke yena onamatheleyo kuyo imfundiso umanyene noYise
kunye noNyana.

10Xa nifikelwa ngumntu ophethe mfundiso yimbi musani ukumamkela
ekhayeni lenu, ningambulisi nokumbulisa.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Kaloku òmnqwenelela impumelelo ùvana naye nangenkohlakalo leyo yakhe.

Amazwi okuphetha

12Nakuba ndinento eninzi ebendingayithethayo kuwe, andithandanga ukuyibhala. Kaloku ndinethemba lokunityelela. Ndiyabona ke ukuba sesothetha ngoko sonwabile.

13Bayabulisa abantwana bodade wenu onyuliweyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

3 KaYohane

3 KaYohane 1

Isingeniso

1Kubhala mna indoda enkulu. Ndibhalela uGayo endimthanda ngokwenene.

2Mhlobo oyintanda, ndithandazela ukuba konke kube hele, kube chosi kuwe, nanjengoko ndisazi ukuba kunjalo nasemphefumlweni wakho.

3Ndavuya gqitha xa kwakufika amawethu endixelela ngendlela othe ngcembe ngayo enyanisweni – njengoko uhlala usenza kakade.

4Akukho nto indonwabisa njengokuva ukuba abantwana bam bahlala bethe ngcembe enyanisweni.

UGayo uyanconywa

5Mhlobo endimthandayo, hayi ukuba nenyameko kwakho kumsebenzi owenzela amakholwa – nditsho nalawo angabahambi!

6Ayibalisile apha ebandleni indlela obuwaphethe kakuhle ngayo. Seluwanceda ke naseluhambeni lwawo, ngohlobo olukholisa uThixo.

7Kaloku ahamba esiya kwenza umsebenzi kaKrestu. Akafumani nkxaso ke kwabo bangengomakholwa.

8Kambe ke thina makholwa simelwe kukuwaxhasa, khon' ukuze sibe nenxaxheba kumsebenzi wokusasaza inyaniso.

UDiyotrefe noDemetriyo

9Bendibhalele ibandla ileta. Kodwa uDiyotrefe, ongugqada-mbekweni, akafuni kuva nento le ngam.

10Ndothi ndakufika apho ndizibhengeze zonke izenzo zakhe: izinto ezimanyumnyezi azithethe ngam, kunye nobuxoki ahamba ebuphalaza ngam. Kanti ke ngaphezu koko uyala ukwamkela amawethu xa afikileyo; ude anqande nâbo bafuna ukuwamkela, afune ukubagxotha ebandleni.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Mhlobo oyintanda, ungaze uyilinganise imikhwa emibi; uze ufunde umzekelo omhle. Wonke umntu owenza okulungileyo ngokaThixo. Kodwa lowo wenza okubi akakabonani noThixo.

12Kodwa wonke umntu uthetha kakuhle ngoDemetriyo. Inyaniso iyacaca ngaye. Nam ndiyayingqina loo nto, yaye uyazi ukuba andixoki.

Amazwi okuphetha

13Zininzi izinto endifuna ukukuxelela zona, kodwa andithandi kuzibhala.

14Ndinqwenela ukukubona kwakamsinya, khon' ukuze sithethe ubuso ngobuso.

15Uxolo malube nawe. Bayabulisa bonke oogxa bakho. Nawe bulisa kubahlobo bam bonke ngabanye.

© 1996 Bible Society of South Africa.

EkaYuda

EkaYuda 1

Isingeniso

1Kubhala mna Juda osisicaka sikaYesu Krestu, nongumntakwabo-Yakobi.
Ndibhalela abo babiziweyo nguThixo, abo bathandwayo nguThixo uBawo,
belondolozwe nguYesu Krestu.

2Ndithi: kuni makongame inceba, uxolo, nothando.

Abalahlekisi

3Zihlobo zam, besendizimisele ukunibhalela ndithethe ngosindiso olu
lusidibanisileyo. Kuthe kusenjalo ndabona kuyimfuneko ngakumbi ukuba
ndinibhalele ndinikhuthaze ukuba nizabalaze nilwele ukholo olu
salunikezelwa ngokupheleleyo nguThixo, thina bantu bakhe.

4Kaloku abantu abathile banyebeleze bangena ebandleni. Aba bantu
bâphawulelwa intshabalalo kwantlandlolo ziziBhalo. Bona baziintshaba
zonqulo. Andithi kaloku bayasigqwetha isisa soThixo wethu, khon' ukuze
bafumane ithuba lokurheletya! Ngokunjalo ke bayamchasa uMhlekazi, uYesu
Krestu iNkosi yethu.

5Nakuba niyazi nje le ndawo, ndifuna ukukhe ndinikhumbuze ngayo. Kaloku
iNkosi yawahlangula amaSirayeli eJiputa, kodwa kamva yabatshabalalisa abo
bathi baveza intswela-mbeko nokuqhankqalaza.

6Khanikhumbule ngezithunywa zezulu. Kaloku inxalenye yazo zange
yaneliseke zizikhundla zayo, yaza kananjalo yakreqa ekhayeni layo. Kungoku
nje uThixo uzigcinele umhla omkhulu womgwebo. Ngoku
zisesithokothokweni senzonzobila apho ziqanyangelwe ngamatyathanga
angasoze akhululeke.

7Kwakhona khumbulani ngeSodom neGomora nabamelwane bazo. Kaloku
abantu bezi dolophu nabo babefana nezi zithunywa. Ewe, babephala
phambili ekurheletyeni, bade bakhanukane ngokunxamnye nemvelo. Nabo
abo ke basisilumkiso, kuba bawuzuza umvuzo wabo – umlilo ongacimiyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Kwangokunjalo ke naba banamaphupha, bangcolisa imizimba yabo,
abakufuni ukulawulwa, futhi bayazingcikiva izithwala-ndwe zaphezulu.

9Aba bantu benza into engazange yenziwe nayinqununu yezithunywa
uMikayeli. Kaloku xa babebangisana nomtyholi ngomzimba
kaMosis,uMikayeli zange amenze isigculelo amgwebe, koko wathi: “Yanga
ingakukhalimela iNkosi.”

10Kodwa bona aba bantu bayazingcikiva izinto abangaziqondiyo. Kambe ke
zona izinto ábazazi ngemvelo, oku kwezilwanyana, zezona zikukufa kwabo.

11Yini le, bagabadele! Basekhondweni likaKayen. Bazintywilisele esonweni,
khon' ukuze bazuze imali njengoBhalam. KwanjengoKora owayengafuni
ukulawulwa, nabo bayagwayimba. Ngoko ke baya kutshabalala njengaye.

12Aba bantu bayazixabhela izidlo zenu. Kaloku bangena kuzo
beziindlobongela zeendlavini, ezingakhathalele mntu ngaphandle kweziqu
zazo. Bafana neengqimba zamafu aphehluzeliswa ngumoya, engezi nayo
namvula. Bayimithi engathwali ziqhamo nasekwindla. Bafana nemithi
enqukrulwe neengcambu yaza yatshabalala.

13Aba bantu bafana namaza alatyuzayo elwandle; ibe ke zona izenzo zabo
ziyafumba njengogwebu. Bafana neenkwenkwezi ezibhadulayo, ziwuphosile
umendo wazo. UThixo ubalungiselela indawo esithokothokweni senzonzobila.

14Kambe ke uInoki, owesixhenxe kwisizukulwana sika-Adam, wathetha
kwantlandlolo ngaba bantu, wathi: “Khawukhangele! INkosi iyeza ikunye
namawaka-waka ezithunywa zayo ezingcwele.

15Iza kugweba isingele phantsi bonke abantu abangamkhathalelanga uThixo.
Aba bantu iza kubagweba ngenxa yezinto ezimanyumnyezi abazenzileyo;
ngokunjalo nangenxa yezenyeliso abazithethileyo bengcikiva uThixo.”

16Aba bantu into abayaziyo kukukhalaza besola. Barhorhozela emva
kweminqweno yabo egwenxa. Ngamabhongo abo baqhayisa baqhathe
abantu, khon' ukuze babaxhaphaze.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Izilumkiso neziyalo

17Kodwa ke, zihlobo zam, akulahlwa mbeleko ngakufelwa! Ngoko ke
wakhumbuleni amazwi enawaxelelwa ngabathunywa beNkosi yethu uYesu
Krestu.

18Kaloku babetshilo ukuthi: “Ngemihla yokugqibela kuya kuvela abantu
abalunyelisayo unqulo, bekhukuliswa yiminqweno yabo egwenxa.”

19Aba bantu badala iyantlukwano. Kaloku bona balawulwa yiminqweno
yemvelo; abanalo ifuthe likaMoya.

20Ngoko ke nina, zihlobo zam, zingisani nizakhe elukholweni lwenu
olunyulu. Thandazani niqhutywa nguMoya oyiNgcwele.

21Uthando lukaThixo maluhlale lunifumbathile ngoku nilinde iNkosi yethu
uYesu Krestu. Kaloku yena unenceba, uya kunipha ubomi obungapheliyo.

22Velanani nabo abathandabuzayo;

23abanye nibarhiwule ngathi nibakhupha emlilweni, nibasindise. Kwabanye
inceba yenu yixubeni noloyiko. Kaloku kufuneka nithiye kwanempahla le
yomntu odyojwe kukungcola kwesimo sakhe esonakeleyo.

Umbongo

24Ke kaloku, kulowo unako ukunigcina ningawi, aze animise ebuqaqawulini
bakhe ningenabala, nichulumacha,

25ewe, kuThixo okukuphela kwakhe, uMsindisi wethu ngaye uYesu Krestu
iNkosi yethu, makubekho isidima nobungangamsha, amandla namagunya,
kusukela ephakadeni, nanamhlanje, nanini-nanini na! Amen!

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

IsiTyhilelo

IsiTyhilelo 1

Intshayelelo

1Nasi isityhilelo esaboniswa uYesu Krestu nguThixo. Wasiboniswa khon'
ukuze yena abonise izicaka zakhe izinto eziza kuhla kamsinya. Esi sityhilelo
uYesu wasithumela ngesithunywa sezulu kwisicaka sakhe uYohane.

2Yena ke uYohane wayibhala wayixela yonke into awayibonayo. Ngoku ke
uchaza udaba lukaThixo olo walutyhilelwa nguYesu Krestu.

3Unoyolo kambe umntu owafundayo amazwi olu daba, benoyolo nâbo
bawaphulaphula bawathathele ingqalelo. Kaloku ixesha lokuzalisekiswa
kwawo lisemnyango.

4Mna Yohane ndibhalela amabandla asixhenxe akwiphondo laseAsiya,
ndisithi: Kuwo makube sisisa noxolo oluvela kuNdikhoyo, lowo wayekho, oya
kusoloko ekho; nakubo ooMoya abasixhenxe abaphambi kwakhe ebhotwe;

5ngokunjalo nakuYesu Krestu, olingqina elithembekileyo,inkulu yâbo bavuka
bebefile, nomlawuli wezikumkani zehlabathi.Kaloku yena lowo usithandayo,
ngokuphalala kwegazi lakhe, usikhulule ezonweni zethu.

6Ewe, yena usenze ababingeleli basebhotwe ukuze sikhonze uThixo
uYise. Mabube kuye ke ubungangamsha nolawulo nanini-nanini! Amen.

7Khawukhangele, nanko esiza ekhatshwa ngamafu! Lonke uluntu luya
kumbona, nkqu nabo bâmhlabáyo. Ewe, zonke izizwe ziya kungqukruleka
zizisola. Injalo ke loo nto! Amen.

8“Ndim isiqalo nesiphelo,” itsho iNkosi uThixo, uSomandla, uNdikhoyo,
owayekho, lowo uya kusoloko ekho.

UYohane ubona uKrestu

9NdinguYohane umwenu onenxaxheba ebunzimeni, kunyamezelo,
nasekulawulweni – zinto ezo zisibandakanyayo thina bamanyiweyo noYesu.

© 1996 Bible Society of South Africa.

Ke kaloku ndazibona sendisesiqithini sePatimo ngenxa yokushumayela ilizwi likaThixo nokungqina ngoYesu.

10Kwathi ngomhla weCawe ndaba semandleni kaMoya, ndaza ndeva ilizwi lihlokoma ngathi lixilongo emva kwam.

11Lenjenje ukuthetha: “Ezi zinto uzibonayo zibhale encwadini, uzithumele kula mabandla osixhenxe: e-Efese, eSmirna, ePergamo, eTiyatire, eSardes, eFiladelfiya, naseLawodike.”

12Ndakhangela ngasemva, ndifuna ukuqonda ukuba ngaba lalilelikabani na eli lizwi ndandiliva lithetha nam. Ndithe ndakubheka, ndabona kumi izibane ezisixhenxe zegolide.

13Phakathi kwazo kwakukho into engathi ngumntu, itsho ngezivatho ezaziye kuthi xhaxhe ezinyaweni, ithe thande ibhanti yegolide esifubeni.

14Iinwele zayo zazimhlophe okwekhephu, itsho ngamehlo abukhali, alenya okwamadangatye omlilo.

15Yayineenyawo ezibengezela okobhedu olugudisiweyo,ilizwi layo livakala ngathi sisandi samanzi engxangxasi.

16Yayiphethe iinkwenkwezi ezisixhenxe ngesandla sokunene, emlonyeni kuphuma ikrele elibukhali, libazwe macala, ubuso bayo buqaqamba njengelanga mhla ligqats' ubhobhoyi.

17Ndithe ke ndakumbona, ndajuba ezinyaweni zakhe, ndanjengofileyo. Ke yena wasibeka phezu kwam isandla sakhe sokunene, wathi: “Musa ukoyika. Mna ndingowokuqala, ndikwangowokugqibela.

18Ndingohleliyo. Ndandifile. Kodwa khangela ndim lo ndikho, kuya kude kube nini-nini. Ukufa ndiyakulawula; kwanelabafileyo ndiyalilawula.

19Ngoko ke zibhale ezo zinto uzibone zisenzeka, kwanezo zenzekayo, neziya kuhla.

20Nantsi ke ingcaciso yento ethethwa ziinkwenkwezi ezisixhenxe ezisesandleni sam sokunene, kwanezibane ezisixhenxe zegolide:

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Iinkwenkwezi ezisixhenxe ngabameli bamabandla asixhenxe. Izibane ezisixhenxe zona ngamabandla lawo.”

IsiTyhilelo 2

Udaba oluya e-Efese

1“Bhalela ummeli webandla lase-Efese, uthi: ‘Nanga amazwi avela kulowo uphethe iinkwenkwezi ezisixhenxe ngesandla sokunene, ujikeleza phakathi kwezibane ezisixhenxe zegolide.

2Ndiyayazi indlela obusebenza ngayo ubulaleka, unenyameko. Ndiyazi ukuba akubanyamezeli abantu abakhohlakeleyo. Ubavavanyile abo babesithi bangabathunywa bengengabo, wabafumanisa bengamaxoki.

3Ubunzima ubuthwele ngenyameko ngenxa yam, akoyiswa.

4Kodwa ke nantsi indawo ngakuwe: Akusandithandi njengoko wawundithanda ekuqaleni.

5Khawukhumbule indlela owawa bhaxa ngayo. Yahlukana nezono; qhuba ngendlela obuhamba ngayo ekuqaleni. Ukuba akuguquki, ndiya kuza ndisisuse isibane sakho endaweni yaso.

6Kambe ke nantsi indawo ekuthethelelayo: Imikhwa yamaNikolawo uyithiyile kanye njengam.

7“ ‘Lowo uneendlebe zokuva makaluve udaba oluthethwa nguMoya ebandleni! “ ‘Lowo woyisileyo ndomnika ilungelo lokutya kumthi wobomiosemyezweni kaThixo. ’ ”

Udaba oluya eSmirna

8“Bhalela ummeli webandla laseSmirna, uthi: ‘Nanga amazwi alowo ungowokuqala ukwangowokugqibela, owayefile wabuya wavuka:

9Ndiyayazi indlela ebenicinezeleke ngayo, nihlwempuzekile. Kodwa nizizityebi phezu koko. Ndiyayazi indlela ebenenyeliswa ngayo ngabo bazenza amaJuda – baligquba likaSathana!

© 1996 Bible Society of South Africa.

10Nize ningayoyiki intshutshiso ezayo. Abanye benu umtyholi uza kubaphosa
entolongweni, enivavanya. Nophatheka nzima iintsuku ezilishumi. Nize
ninyaniseke kude kuse ekufeni. Ndonithwesa imbasa yobomi.

11“ ‘Lowo uneendlebe zokuva makaluve udaba oluthethwa nguMoya
ebandleni! “ ‘Lowo woyisileyo akanako ukwenziwa nto kukufa kwesibini. ’ ”

Udaba oluya ePergama

12“Bhalela ummeli webandla lasePergama, uthi: ‘Olu daba luvela kulowo
unekrele elibukhali elibaze macala.

13Ndiyayazi le ndawo uhlala kuyo: Kusebhotwe kwaSathana! Kodwa nakuba
kunjalo awundilahlanga. Awuzange utyhafe undikhanyele, nangethuba
kwakubulawa ingqina lam elithembekileyo uAntipas, apho kuloo dolophu
yakho ilikhaya likaSathana.

14Kambe ke ndineendawana ezingandikholisiyo apha kuwe: Kwalapho kuwe
bakho abasabambelele kwimfundiso kaBhalam. Kaloku yena ngulowa
wafundisa uBhalaki ukulukuhla amaSirayeli. Wawakhuthaza ukuba atye
ukutya okwenzelwe izithixo, arheletye.

15Ngokukwanjalo ke nalapho kuni bakho ababambelele kwimfundiso
yamaNikolawo.

16Ngoko ke guquka, kungenjalo abo bantu ndiya kubahlasela ngekrele
lomlomo.

17“ ‘Lowo uneendlebe zokuva makaluve udaba oluthethwa nguMoya
ebandleni! “ ‘Lowo woyisileyo ndiya kumpha imana efihliweyo. Ndiya
kumnika nelitye elimhlophe apho kukrolwe igama elitsha elingaziwa mntu
ngaphandle kwalowo lilelakhe.’ ”

Udaba oluya eTiyatire

18“Bhalela ummeli webandla laseTiyatire, uthi: ‘Nalu udaba oluvela kuNyana
kaThixo, yena unamehlo alenya ngathi ngamadangatye omlilo, onyawo
zimenyezela ngathi lubhedu olugudisiweyo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Ndiyasazi isimo sakho: unothando; uthembekile, ukhuthele, unomonde.
Futhi ndiyaqonda ukuba ngoku uthath' unyawo kunakuqala.

20Kambe ke ndinendawo ngakuwe: Kaloku awumchasi uJezebhele, intokazi
ethi ingumshumayeli. Ngemfundiso yakhe izicaka zam uziwexulela
ekurheletyeni nasekutyeni ukutya okwenzelwe izithixo.

21Nakuba ndimnikile ithuba lokuguquka ezonweni zakhe, akazimiselanga
ukwahlukana nokurheletya.

22Ngoku ke ndiya kumphosa emandlalweni apho aya kuthi yena kunye nabo
arheletya nabo bangcungcutheke. Le nto ndiza kuyenza; ngaphandle kokuba
bangaguquka kule nkohlakalo bayenza kunye naye.

23Ndiya kubabulala abalandeli bakhe. Onke amabandla aya kuqonda ukuba
mna ndiyazazi iingcinga neenjongo zabantu. Umntu ngamnye ndiya
kumamkelisa ngokwezenzo zakhe.

24“ ‘Kodwa ke abanye benu apha eTiyatire khange bayingene le mfundiso.
Aninamava ngale nto abanye bathi yimfihlelo kaSathana. Nina andiyi
kunibeka xanduva lumbi.

25Kambe ke namathelani kuloo nto ninayo ndide ndifike.

26Lowo woyisileyo, ewe, onyamezeleyo ekwenzeni ukuthanda kwam kwada
kwasesiphelweni, ndiya kumnika amagunya phezu kwezizwe.

27Uya kuzilawula ngentonga yentsimbi izizwe, azintlekeze njengezitya
zodongwe.

28Loo magunya ndawathatha kuBawo. Nam ke ndiya kumnika ikhwezi
lokusa.

29“ ‘Lowo uneendlebe zokuva makaluve udaba oluthethwa nguMoya
ebandleni!’ ”

IsiTyhilelo 3

Udaba oluya eSardes

© 1996 Bible Society of South Africa.

1“Bhalela ummeli webandla laseSardes, uthi: ‘Nanga amazwi avela kulowo
uphethe ooMoya abasixhenxe bakaThixo, neenkwenkwezi ezisixhenxe:
Ndiyazazi iindlela zakho. Ndiyazi ukuba nakuba udume ngokuphila nje, ufile
kodwa.

2Vuka, uhlaziye loo ntlantsana isahleliyo, hleze ife nayo! Akukho namnye
umsebenzi wakho endiwufumene ugqibekile phambi kukaThixo.

3Ngoko ke khumbula iimfundiso ozifumeneyo; zilandele, uguquke. Ukuba
akuvuki, ndofika njengesela – akuyi kwazi nokuba bendifike nini na.

4Phofu unabantu abambalwa eSardes abangazingcolisanga bona izambatho
zabo. Bohamba bevathe ezimhlophe kunye nam, yaye ibafanele loo nto.

5Lowo woyisileyo wovatha ezimhlophe. Andisoze ndilicime igama lakhe
kuludwe lwamagama abo baphilayo. Kaloku ndiya kumvuma ukuba
ungowam phambi kukaBawo nezithunywa zakhe.

6“ ‘Lowo uneendlebe zokuva makaluve udaba oluthethwa nguMoya
ebandleni!’ ”

Udaba oluya eFiladelfiya

7“Bhalela ummeli webandla laseFiladelfiya, uthi: ‘Nanga amazwi avela
kulowo uyingcwele, ungowenene, uphethe izitshixo zakwaDavide; lowo uthi
akuvula kungavali bani, athi akuvala kungavuli mntu.

8Ndiyazazi iindlela zakho. Khangela ndibeke ucango oluvuliweyo phambi
kwakho. Akukho bani unako ukuluvala. Ndiyazi ukuba amandlana onawo
akangako, kodwa ulithobele ilizwi lam, àkwandikhanyela.

9Ndiya kwenza le nto ke: Abo baligquba likaSathana, amamenemene azenza
amaJuda engengawo, ndiya kubathoba, bakhahlele kuwe, bazi ukuba
ndiyakuthanda.

10Ke ngenxa yokuba uzingisile ekulithobeleni ilizwi lam elikubizela
ekunyamezeleni, ndiza kukuhlangula kwishwangusha eliza ehlabathini lize
kulinga bonke abantu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

11Ndiyeza kwakamsinya. Yilondoloze imbo yakho. Lumka hleze ixhwilwe imbasa yakho.

12Lowo woyisayo ndiya kumenza intsika yendlu kaThixo wam, angaze ahlukane nayo. Ndiya kulibhala kuye igama likaThixo wam negama lesixeko sikaThixo wam. Ewe, ndixela iJerusalem entsha, leyo izayo, iphuma ezulwini kuThixo wam.Ngokunjalo ndiya kulibhala kuye negama lam elitsha.

13“ ‘Lowo uneendlebe zokuva makaluve udaba oluthethwa nguMoya ebandleni!’ ”

Udaba oluya eLawodike

14“Bhalela ummeli webandla laseLawodike, uthi: ‘Nalu udaba oluvela kuAmen, olingqina elithembekileyo nelinyanisekileyo. Yena ngumthombo wayo yonke indalo kaThixo.

15Ndiyasazi isimo sakho: Awubandi, awushushu. Akwaba ubushushu okanye ubanda!

16Kodwa ke ngenxa yokuba udikidiki, ungeshushu ungabandi, ndiza kukutshica.

17Uzingca ngokuba usisityebi, umi kakuhle. Uthi awuswele nto. Enyanisweni nakuba ungaqondi nje ungowokusizelwa, impula kalujaca, kuba ulihlwempu, imfama, uzé.

18Ngoko ke ndikucebisa ukuba uthenge kum igolide enyityilikiswe ngomlilo yacwenga, ukuze ube sisityebi. Ngokunjalo thenga neempahla ezimhlophe, ukuze ubufihle ubuze bakho. Thenga nentambiso, uqabe amehlo akho, khon' ukuze ubone.

19Abo ndibathandayo ndiyabakhalimela ndibohlwaye. Ngoko ke zimisele, uguquke.

20Uyabona, ndimi emnyango ndinkqonkqoza. Ukuba umntu uyeva aze avule, ndiya kungena ndihlale naye, sitye kunye.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21Lowo woyisileyo uya kuba nenxaxheba ebhotwe. Kaloku nam ndoyisa
ndaza ndafumana inxaxheba yokungqendeva noBawo ebhotwe.

22“ ‘Lowo uneendlebe zokuva makaluve udaba oluthethwa nguMoya
ebandleni.’ ”

IsiTyhilelo 4

Umbono wezulu

1Emva koko ndabona izulu livulekile phambi kwam. Ndeva eliya lizwi
bendilive lithetha nam, lihlokoma okwexilongo lisithi kum: “Yiza ngapha
ndikubonise izinto ezimelwe kukwenzeka emva kwezi.”

2Ngoko nangoko ndaba semandleni kaMoya. Ndabona apho ezulwini kukho
isihlalo sobukhosi.

3Kwakuhleli kuso ingangalala ekhazimla okwamatye exabiso, akudidi
loozidayimani ngokumenyezela, ekuthiwa yijaspa nekorneli ukubizwa
kwawo. Isihlalo eso sasinesangqa somnyama owawubengezela nawo oku
kwelitye lexabiso eliluhlaza ekuthiwa yiemeraldi ukubizwa kwalo.

4Kwakukho nezinye izihlalo zithe thande, zingqonge isihlalo sobukhosi,
zingamashumi mabini anesine; kukho namadoda amakhulu angamashumi
mabini anesine awayethe nqwadalala kwezo zihlalo. Ayethe wambu
ezimhlophe iingubo, ethwele izithsaba zegolide.

5Apho esihlalweni sobukhosi kwakutshawuza imibane, kugragrama
iindudumo. Kwakukho nezibane ezisixhenxe ezivuthayophambi kwaso,
ezingooMoya abasixhenxe bakaThixo.

6Kwakukho nento eyayingathi lulwandle lweglasi, ithe thebelele apho
ngasesihlalweni, icwenge ngathi ngumkhenkce. Esazulwini apho, kanye
ngasesihlalweni, kwakuhleli izilwanyana ezine zinamehlo macala onke,
zingqonge isihlalo eso kanye.

7Isilwanyana sokuqala sasifana nengonyama. Esesibini sasinjengenkomo.
Esesithathu sasifana nomntu, esesine sinjengokhozi luphaphazela.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Isilwanyana ngasinye sasinamaphiko amathandathu, sinamehlo ngapha nangapha.Zazidumisa zingayeki emini nasebusuku, zisithi: “Uyingcwele, uyingcwele, uyingcwele, Nkosi Thixo Somandla, wena ubukade ukho, wena ukhoyo, uya kuhlala ukho!”

9Lo gama izilwanyana ezine zibongayo, zidumisa, zibulela kulowo unguSonini-nanini uhleli esihlalweni sokulawula,

10wona amadoda amakhulu angamashumi amabini anesine ayekhahlela, enqula kulowo uhleli esihlalweni, unguSonini-nanini. Ayedanduluka, atsho azibeke nezithsaba zawo phambi kwengangalala, athi:

11“Ufanelwe, Nkosi, Thixo, ngumbongo; imbeko negunya zezakho! Kaloku iinto zonke zadalwa nguwe; zabakho, zanobomi ngokuthanda kwakho.”

IsiTyhilelo 5

IXhwane livula incwadi

1Ke kaloku ndabona kukho ohleli esihlalweni sokulawula, esandleni sakhe sokunene ephethe incwadi. Yona ke yayibhalwe macala, futhi iyincwadi enamacandelo asixhenxe. Icandelo ngalinye lalinophawu olugunyazisa ukuba yovulwa ngonelungelo kuphela.

2Kananjalo ndabona ingwanyalala yesithunywa sezulu esakhwaza sabuza sathi: “Ngaba ngubani ofanelekileyo onokuluqhaqha uphawu, ayivule le ncwadi?”

3Kambe ke zange afumaneke onako ukuyivula ayifunde, nditsho nasezulwini, emhlabeni, naphantsi komhlaba.

4Kuthe kwakungafumaneki bani ukufaneleyo ukuyivula ayifunde incwadi leyo, zehl' iinyembezi kum.

5Kodwa ke enye yamadoda amakhulu yandikhalimela yathi: “Musa ukulila. Kaloku iNgonyama yesizwe sikaJuda, umnombo kaDavide,igqwesile, ikufanele ukuluqhaqha uphawu ngalunye, iyivule incwadi.”

© 1996 Bible Society of South Africa.

6Ndaza ke ndabona iXhwane limi bhuxe esazulwini sebhotwe. Lalingqongwe
zizilwanyana ezine, ngokunjalo nangamadoda amakhulu. IXhwane eli
lalibonakala ngathi lagwintwa. Lalineempondo ezisixhenxe, namehlo
asixhenxe, angooMoya abasixhenxe bakaThixo abathunyelwe ehlabathini
liphela.

7IXhwane eli laya kulowo wayehleli esihlalweni sokulawula, lafika layithatha
incwadi leyo esandleni sakhe sokunene.

8Lithe iXhwane lakuyithatha incwadi leyo, izilwanyana ezine ndawonye
namashumi amabini anesine amadoda amakhulu, asuka ee guqaqa phambi
kwalo. Indoda nganye yayinehapu nesitya segolide esizele ziziqhumiso
eziyimithandazo yosapho lukaThixo.

9Ayevuma ingoma entsha, esithi: “Ukufanele wena ukuyithatha incwadi;
ukufanele wena ukuluqhaqha uphawu lwayo. Ewe, kaloku wena wabulawa;
ngegazi lakho waluthengela uThixo uluntu kuzo zonke iintlanga neelwimi,
kubantu ngabantu nezizwe ngezizwe.

10Ubenze ababingeleli basebhotwe, ukuze bakhonze uThixo wethu. Ewe, baya
kulilawula nehlabathi.”

11Kwakhona ndakhangela, ndabona izigidi ngezigidi namawaka-waka
ezithunywa zezulu! Zazingqonge ibhotwe, nezilwanyana ezine, ngokunjalo
namadoda amakhulu.

12Zazidanduluka zicula zisithi: “IXhwane elabulawayo likufanele ukuba
namandla, ubutyebi, nolwazi, ukomelela, isithozela, ubungangamsha,
nodumo!”

13Ke kaloku ndaziva izidalwa nayo yonke indalo, ezulwini nasemhlabeni,
phantsi komhlaba naselwandle, zidanduluka zisithi: “Kulowo uhleli
esihlalweni sokulawula, nakulo iXhwane, mayibekho indumiso nesithozela,
ubungangamsha namandla, ngonaphakade kanaphakade!”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Zavakala izilwanyana zozine zisithi: “ Amen!” Wona amadoda amakhulu athi guqaqa, akhahlela.

IsiTyhilelo 6

Amacandelo encwadi amathandathu

1Ndalibona ke iXhwane liqhaqha uphawu lokuqala lwaloo macandelo asixhenxe. Ngokunjalo ndasiva esinye sezilwanyana ezine sithetha ngelizwi elizongomayo, sisithi: “Yiz' apha!”

2Kwaza kwathi gqi ihashe elimhlophe, ophezu kwalo ephethe utolo. Ke kaloku wathiwa jize ngesithsaba. Waphuma noloyiso, wahamba esenza iziqwenga, kuj' ubugodo konke apho ahamba khona.

3Lithe iXhwane lakuqhaqha uphawu lwesibini, ndeva isilwanyana sesibini sisithi: “Yiz' apha!”

4Kwathi gqi elinye ihashe, libomvu ngebala.Lowo wayephezu kwalo wanikwa ilungelo lokugxobha-gxobha inzolo ehlabathini liphela, khon' ukuze abantu bagebengane. Yena ke wanikwa ingxavula yekrele.

5IXhwane lithe lisakuluqhaqha uphawu lwesithathu, ndeva isilwanyana sesithathu sisithi: “Yiz' apha!” Ndithe ndakukhangela ndabona ihashe elimnyama. Lowo wayekhwele kulo wayephethe isikali sokulinganisa, ngesandla.

6Kananjalo ndeva isandi esingathi lilizwi, siphuma kweziya zilwanyana zine. Lathetha lathi: “Isitya sengqolowa singangomvuzo wemini enye; izitya ezithathu zamazimba zingangomvuzo wemini enye; kambe ke uze ungadlalisi ngawo amafutha ndawonye newayini.”

7Kwakhona iXhwane laqhaqha uphawu lwesine, ndaza ndeva isilwanyana sesine sisithi: “Yiz' apha!”

8Ndakukhangela ndabona elinye ihashe; lona lalimbatshile. Igama lalowo wayehleli phezu kwalo lalinguKufa, kanti ke ezinyaweni zakhe kwakulandela

© 1996 Bible Society of South Africa.

uLabafileyo. Banikwa amagunya phezu kwesiqingatha sesine sehlabathi, ukuze bageqe ngekrele, ngembalela, isibetho, nangamarhamncwa.

9Ngokunjalo iXhwane laluqhaqha nolwesihlanu uphawu. Ngaphantsi kweqonga lamadini ndababona abo babebulewe ngenxa yokushumayela ilizwi likaThixo, nangenxa yokungqina.

10Babhomboloza bathi: “Kakade ke, Nkosi, Somandla oyiNgcwele kanye, koda kube nini ungasiphindezeli ulibuyekeze igazi lethu elaphalazwa ngabantu beli hlabathi?”

11Elowo nalowo kubo wathiwa wambu ngomnweba omhlophe. Ngokunjalo kwathiwa mabakhe balinde okwethutyana, bade baphelele abalingane namawabo asaza kubulawa kwanjengabo.

12Ndalibona ke ngoku iXhwane liqhaqha uphawu lwesithandathu. Suka yazama-zamisa inyikima, ilanga lafaka ezokuzila lathi thsu, inyanga yona yajika yaligazi.

13Iinkwenkwezi zona zavuthulukela emhlabeni, zaxel' amakhiwane egeqwa sisaqhwithi.

14Sona isibhakabhaka saphel' emehlweni, kwaba ngathi kusongwa umqulu, zonke iintaba neziqithi zanqukrulwa.

15Zasuka ke izikumkani zehlabathi, abasemagunyeni neengqwayi-ngqwayi zomkhosi, oozityebi nezinxiba-mxhaka, nalo lonke uluntu, oozicaka nabakhululekileyo, baya kuzímela emiqolombeni nasemiqhokrweni ezintabeni.

16Badanduluka bebhekisa ezintabeni nasemaweni, bathi: “Siweleni, ukuze sifihlakale kulowo uhleli esihlalweni sokulawula nakwingqumbo yeXhwane!

17Ewe, kaloku iMini yabo yokuphindezela igalelekile. Yaz'ba ngubani na ke onokusinda kuyo?”

IsiTyhilelo 7

AmaSirayeli aphawulwayo

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Emva koko ndabona izithunywa ezine zimi kwiikona zone zomhlaba. Zazivalele imimoya yomhlaba yomine apho, ukuze kungabikho nampunde yamoya uvela elwandle, okanye ucande emhlabeni, ungabhudli namnye umthi.

2Ndabona nesinye isithunywa sisithi gqi ngasempumalanga, siphethe uphawu lukaThixo ohlala ehleli. Samemeza sibhekisa kweziya zithunywa zine bezinikwe igunya lokonakalisa umhlaba nolwandle, sisithi:

3“Khanikhe nime ngokonakalisa umhlaba nolwandle nemithi! Maside sigqibe ukubeka uphawu lukaThixo kumabunzi ezicaka zakhe!”

4Ndaliva lixelwa nenani labo baphawulwayo. Kwaphawulwa ikhulu elinamashumi mane anesine amawaka kuzo zonke izizwe zakwaSirayeli.

5Kwisizwe sakwaJuda kwaphawulwa ishumi elinambini lamawaka, kwesakwaRubhen yaba lishumi elinambini lamawaka, kwaGadi yalishumi elinambini lamawaka,

6kwesakwa-Ashere yalishumi elinambini lamawaka, kwesakwa-Nafetali yalishumi elinambini lamawaka, kwesakwaManase yalishumi elinambini lamawaka,

7kwesakwa-Simon yalishumi elinambini lamawaka, kwesakwaLevi yalishumi elinambini lamawaka, kwesakwaIsakare yalishumi elinambini lamawaka,

8kwesakwaZebhulon yalishumi elinambini lamawaka, kwesakwaJosefu yalishumi elinambini lamawaka, kwaza nakwesakwaBhenjamin yalishumi elinambini lamawaka.

Ihlokondiba labantu beentlanga ngeentlanga

9Emva koko ndabona kusithi thu ihlokondiba elalingenakubalwa bani. Abo yayingabantu beentlanga ngeentlanga, izizwe ngezizwe, neelwimi ngeelwimi. Babemi phambi kwesihlalo sokulawula naphambi kweXhwane. Babevathe ezimhlophe, bephethe amasundu,

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

10bedanduluka besithi: “Huntshu! Usoyisele uThixo ohleli esihlalweni sakhe sokulawula, nalo iXhwane!”

11Izithunywa zonke zazimi zingqonge isihlalo eso sokulawula namadoda amakhulu kwakunye nezilwanyana ezine, zathi qubudu phambi kukaThixo osesihlalweni sakhe, zanqula

12zisithi: “ Amen! Umbongo, udumo, nolwazi, umbulelo, isithozela, igunya, namandla, mazinikwe uThixo kude kube ngunaphakade kanaphakade! Amen!”

13Enye inkonde yathi kum: “Aba bantu bambethe iingubo ezimhlophe ngoobani, bevela phi?” Ndaphendula ndathi:

14“Mhlekazi, kwazi wena.” Yona yathi: “Aba bantu ngabo baphume kwiinkxwaleko zengcinezelo.Bazihlambile zamhlophe iingubo zabo ngamandla egazi leXhwane.

15Yiyo loo nto bemi phambi kukaThixo bemnqula imini nobusuku endlwini yakhe. Lowo uhleli kwisihlalo sakhe sokulawula wobafukamela.

16Abayi kulamba, abayi kunxanwa, abayi kugqatswa lilanga, bengayi kuva bushushu.

17Kaloku iXhwane elimi esazulwini sebhotwe liza kubalúsa,libaqhubele kwimithombo yamanzi aphilisayo. Wobasul' iinyembezi uThixo. ”

IsiTyhilelo 8

Ukuqhaqhwa kophawu lwecandelo lesixhenxe

1Ke kaloku iXhwane laluqhaqha uphawu lwesixhenxe. Kwathi nzwanga ezulwini isithuba esingangecala leawara enye.

2Emva koko ndabona izithunywa ezisixhenxe ezima phambi koThixo, zinikwa amaxilongo asixhenxe.

3Esinye isithunywa esasiphethe isitya sokuqhumisa segolide seza kuma ngaseqongeni lesiqhumiso. Sanikwa isiqhumiso esininzi, ukuze sisinikele

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

kunye nemithandazo yayo yonke imilowo phezu kweqonga legolide elaliphambi kwesihlalo sokulawula.

4Umsi wenyukela kuThixo kunye nemithandazo yemilowo, isithunywa simenzela isiqhumiso.

5Isithunywa ke sithathe isitya sesiqhumiso sasizalisa ngomlilo esasiwuthathe eqongeni apho, sasiphosa ezantsi emhlabeni. Ngoko nangoko kwabakho ukugqekreza kweendudumo nokutshawuza kombane, wanyikima umhlaba.

Ukuvuthelwa kwamaxilongo

6Izithunywa ezisixhenxe ezaziphethe amaxilongo asixhenxe, ngoku zalungela ukuwavuthela.

7Salivuthela esokuqala isithunywa ixilongo laso. Kwawa isichotho nomlilo, zixutywe negazi. Satsha nqu isiqingatha sesithathu somhlaba. Isiqingatha sesithathu seendidi zonke zemithi, nalo lonke uhlobo lwengca lwatsha lwaphela.

8Salivuthela ixilongo laso nesesibini isithunywa. Kwaba ngathi intabakazi enkulu iphoswe elwandle ivutha; sathi isiqingatha sesithathu solwandle saba ligazi.

9Kwafa isiqingatha sesithathu sazo zonke iindidi zezinto ezihlala elwandle. Kwatshabalala isiqingatha sesithathu sazo zonke iinqanawa.

10Nesesithathu salivuthela elaso ixilongo. Kwathi qithi into enkulu yenkwenkwezi ezulwini, ivutha ililahle. Yawela phezu kwesiqingatha sesithathu semilambo nemithombo.

11Le nkwenkwezi kwakusithiwa ukubizwa kwayo nguKrakrayo. Saza ke isiqingatha sesithathu sawo onke amanzi saba krakra njengokrakrayo, kwafa inyambalala yabantu ngokuwasela.

12Salivuthela nesesine isithunywa ixilongo laso. Kwabakho ukugqabhuka kwesiqingatha sesithathu selanga nenyanga neenkwenkwezi, isiqingatha

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

sesithathu sazo asabi nakukhanya. Sathi ke nesiqingatha semini asabi nakukhanya, kwaba njalo nasebusuku.

13Kuthe kusenjalo ndabona ukhozi luphaphazela phezu kwam. Ndaluva lukhala lusithi: “Yhoo! Yhoo! Yhoo, abantu bomhlaba! Yazi boba yini na zakuvakala izandi zamanye amaxilongo amathathu xa ziwavuthela izithunywa ezithathu!”

IsiTyhilelo 9

Ishwangusha lokuqala

1Emva koko isithunywa sesihlanu salivuthela ixilongo laso. Ndabona inkwenkwezi eyayiwe emhlabeni, inikwa isitshixo somwonyo oya enzonzobileni.

2Yawuvula umwonyo wenzonzobila. Kwaphuma umsi kuwo, owawungathi uvela kwizikokazi lomlilo. Loo msi walisitha ilanga nomoya.

3Kwavela iinkumbi, ziphuma kuloo msi, zeza emhlabeni. Zazinolwamvila olufana nolukanomadudwane.

4Zaziyalelwe ukuba ze zingayichukumisi ingca, naso nasiphi na isityalo okanye umthi. Zazithunyelwe kubantu ababengaphawulwanga ngophawu lukaThixo ebunzi.

5Zazithunyelwe ukubathuthumbisa iinyanga ezintlanu ngobuhlungu obufana nolwamvila lukanomadudwane, kodwa zingabulali.

6Ngelo xesha abantu boba bekufuna ukufa, kube kona ukufa kungafumaneki. Bokunqwenela ukufa, kodwa kona kubaphambe.

7Ezo nkumbi zazikhangeleka ngathi ngumkhosi wamahashe uxhabashele emfazweni. Entloko zazitsho ngezinto ezazingathi zizithsaba zegolide, zinobuso obufana nobomntu.

8Zazitsho ngeenwele ezinde, zinamazinyo afana nawengonyama.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Zazifake izikhuselo-sifuba ezingathi zezentsimbi. Isandi sokurhatshaza kwamaphiko azo sasivakala ngathi sisandi seenqwelo zamahashe zisinga edabini.

10Imisila yazo yayifana neyoonomadudwane, inolwamvila. Babusemsileni apho ubuhlungu bokuthuthumbisa abantu iinyanga ezintlanu.

11Inkosi yazo yayisisithunywa sasenzonzobileni. Igama layo lalinguAbhadon ngesiHebhere, uApoliyon ngesiGrike.

12Lidlule ishwangusha lokuqala. Kodwa aseza amabini.

Ishwangusha lesibini

13Salivuthela ixilongo laso isithunywa sesithandathu. Ndeva ilizwi livela phakathi kweempondo zeqonga lamadini legolide, elaliphambi kukaThixo.

14Lathi kwisithunywa sesithandathu esasiphethe ixilongo masizikhulule izithunywa ezine ezazibotshelelwe kumlambokazi iEfrati.

15Zakhululwa zozine ezo zithunywa ukuba zibulale isiqingatha sesithathu soluntu. Zazihleli zilimiselwe kakade eli thuba, kanye ngalo nyaka nangale nyanga, ngalo mhla kanye nangeli xesha.

16Ndalixelelwa inani lemikhosi yamahashe. Yayingamakhulu amabini ezigidi.

17Waba nje umbono endaba nawo wamahashe nabo bawakhweleyo: Babetsho ngezikhuselo-sifuba ezibomvu, nezizuba, nezimthubi. Amahashe iintloko zazifana nentloko yengonyama. Ayephuma umlilo ngomlomo, kuqhuma umsi nesalfa.

18Kwabulawa isiqingatha sesithathu soluntu ngezi zibetho zozithathu zomlilo, nomsi, nesalfa.

19Ubuhlungu bala mahashe babusemlonyeni nasemisileni. Imisila yayineentloko ngathi ziinyoka. Ayeluma ngayo imisila.

20Amasalela abantu abasindayo kweso sibetho akazange ahlukane nezithixo awayezenzele. Akazange ayeke ukunqula iindimoni nezithixo ezaziqingqwe

© 1996 Bible Society of South Africa.

ngegolide nesiliva nobhedu, amatye nangomthi, izinto ezazingenako nokubona nokuva nokushukuma oku.

21Akazange azisole nokuzisola ngobugebenga, nobugqwirha, ukurheletya, nobututu bawo.

IsiTyhilelo 10

Isithunywa nencwadana

1Ke kaloku ndabona enye ingwanyalala yesithunywa isihla iphuma ezulwini. Sasithiwe wambu lilifu, intloko yaso ithiwe thande ngumnyama. Ubuso babubengezela ngathi lilanga. Yona imilenze yayingathi ziintsika zomlilo.

2Esandleni sasiphethe incwadana, ivuliwe. Sasingxabalazile, unyawo lokunene lumi elwandle, olwasekhohlo lusemhlabeni.

3Sakhwaza ngelizwi elingathi ngumgqumo wengonyama.

4Emva kwaloo mkhwazo kwaphendula izithonga ezisixhenxe zendudumo. Ndithe xa ndiza kuyibhala into eyayithethwa ziindudumo ezisixhenxe, ndeva ilizwi liphuma ezulwini lisithi: “Into ethethwa ziindudumo musa ukuyibhala, ilihlebo.”

5Isithunywa eso besingxabalazile ndasibona sisiphakamisela ezulwini isandla saso sokunene.

6Safunga uSonini-nanini, owadala izulu nehlabathi, ulwandle nezinto zonke ezilapho kuzo, sathi: “Ixesha limkile!

7Liya kuthi lakufika ithuba lokuba isithunywa sesixhenxe sikhalise ixilongo laso, icebo elingaziwa mntu likaThixo lifezekiswe, kanye njengoko wayethembisile kwizicaka zakhe ezazivakalisa udaba.”

8Kwakhona ilizwi elaliphuma ezulwini ndaliva lisithi kum: “Yiya uyithathe incwadi leyo ivulekileyo iphethwe sisithunywa esingxabalazele phezu kolwandle nomhlaba.”

9Ndiyile, ndacela ukuba isithunywa sindinike incwadana leyo. Sithe ke sona: “Yithathe uyitye. Yona yofana nobusi emlonyeni, kodwa iya kukuqumbela.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

10Ndayithatha ke esandleni sesithunywa eso ndayitya. Okunene yaba mnandi njengobusi emlonyeni, kodwa ndithe ndakuyiginya ndaqunjelwa.

11Ndaxelelwa kwathiwa: “Kwakhona kufuneka uvakalise udaba lukaThixo olumayela nezizwe ngezizwe, iintlanga ngeentlanga, iilwimi, nezikumkani.”

IsiTyhilelo 11

Amangqina amabini

1Ke kaloku ndanikwa ingcongolo ende yokulinganisa, kwathiwa: “Hamba uye kulinganisa indlu kaThixo, neqonga lamadini, ubale nabo banqulayo.

2Ke yona inkundla engaphandle uze ungazihluphi ngayo, kuba inikezelwe ezintlangeni. Zona ke ziya kusixusha ngeenyawo isixeko esingcwele isithuba esingangeenyanga ezingamashumi amane anambini.

3Ngokunjalo ndiya kumisa amangqina amabini, ukuze avakalise udaba. Ngazo zonke ezo ntsuku zilishumi elinambini lamakhulu, mashumi omathandathu, aya kuba enxibe ezirhwexayo zokuzila.”

4La mangqina ke yiminquma emibini, kunye nezibane ezibini ezimi phambi kweNkosi yehlabathi.

5Ukuba kukho bani ufuna ukuwenzakalisa, emlonyeni wawo kuya kuphuma umlilo ulutshabalalise olo tshaba. Uya kufa ngolo hlobo ke umntu ofuna ukuwenzakalisa la mangqina.

6Ewe, aya kuba namagunya okusivala isibhakabhaka ingani imvula ngexesha lokuvakalisa kwawo udaba lukaThixo. Futhi anawo amagunya okuwajika amanzi abe ligazi; ihlabathi liphela aya kuba namagunya okulihlisela izibetho ngezibetho ngokuthanda kwawo.

7La mangqina aya kuthi akuba egqibile ukuluvakalisa udaba olo, kuphume irhamncwa enzonzobileni. Lona ke liya kulwa nawo liwabulale.

8Imizimba yawo iya kuqungquluza esitalatweni sesixeko esikhulu, apho yaxhonywa khona emnqamlezweni iNkosi yawo. Esi sixeko sifuziselwa yiSodom okanye iJiputa.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Imizimba yala mangqina iya kuhlala apho iintsuku ezintathu ezinesiqingatha, baze abantu bezizwe ngezizwe, iintlanga ngeentlanga, neelwimi ngeelwimi, beze kuyibona, bangavumi ukuba ingcwatywe.

10Ukufa kwaba babini kuya kuba yinto emnandi ebantwini behlabathi. Baya kwenza itheko, banikane izipho. Kaloku la mangqina aya kubangcungcuthekisa abantu behlabathi.

11Emva kweentsuku ezintathu ezinesiqingatha uThixo wawaphefumlela la mangqina avuka, baza bonke abayibonileyo loo nto barhwaqela.

12Kwavakala umkhwazo ophuma ezulwini usithi kuwo: “Nyukani nize apha!” Zathi zisabukele iintshaba zawo, anyukela ezulwini ngelifu.

13Kanye ngawo loo mzuzu kwabakho inyikima eyoyikekayo, saza isahlulo seshumi sesixeko eso satshabalala. Kwafa abantu abangamawaka asixhenxe. Abaseleyo bangenwa lunkwantyo, baza badumisa ubukhulu boThixo osezulwini.

14Ngoku lidlule ishwangusha lesibini, kambe ke liyeza elesithathu kamsinya!

Ixilongo lesixhenxe

15Ngokunjalo nesesixhenxe isithunywa salikhalisa ixilongo, kwaza kwavakala imikhwazo ezulwini, isithi: “Ngoku ihlabathi liza kulawulwa yiNkosi kunye noMthanjiswa wayo uKrestu, yaye ke iya kulawula kude kube ngunaphakade kanaphakade.”

16Kananjalo amashumi amabini anesine amadoda amakhulu athe nqadalala phambi koThixo, athi qubudu phambi kwakhe, anqula embonga,

17esithi: “Siyakubulela, Nkosi Thixo uSomandla, wena Ndikhoyo owayekho kakade, kuba uwathathele kuwe amagunya, walawula!

18Izizwe zagragrama; ke yona imini yempindezelo ifikile, abafileyo baza kugwetywa. Abashumayeli, izicaka zakho, baza kwamkela, usapho lwakho, abakhulu kwanabanci, bebonke abakuthobelayo. Ewe, lifikile ixesha lokubatshabalalisa abo batshabalalisa ihlabathi!”

© 1996 Bible Society of South Africa.

19Yasuka yavuleka indlu kaThixo esezulwini. Yatsho yabonakala ityesi yomnqophiso. Ngokunjalo ke kwabakho nezabhokwe zemibane, intswahla, ukugqekreza kweendudumo, nonyikimo-mhlaba, kunye nemvula yesichotho.

IsiTyhilelo 12

Umfazi negongqongqo

1Kwavela umqondiso ocacileyo esibhakabhakeni – umfazi wayambethe ilanga, inyanga isezinyaweni zakhe, nesithsaba seenkwenkwezi ezilishumi elinambini simthe jize intloko.

2Wayekhulelwe, ekhala ziintlungu zokubeleka.

3Kuvele omnye umqondiso esibhakabhakeni. Kuthe gqi igongqongqo elibomvu krwe. Lalineentloko ezisixhenxe neempondo ezilishumi;linezithsaba ezisixhenxe kwezo ntloko.

4Umsila walo wavuthulula isiqingatha sesithathu seenkwenkwezi, waziwisela phantsi emhlabeni.Igongqongqo lema ngaphambi kwalo mfazi wayeza kubeleka, ukuze luluthi bimbilili usana olo xa luvelayo.

5Umfazi lowo wazala umntwana oyinkwenkwe, owayemiselwe ukuzilawula ngegunya elingqongqo zonke iintlanga. Kodwa olo sana lwathiwa xhwi lwasiwa ewongeni kuThixo ohleli kwibhotwe lakhe.

6Umfazi yena wabalekela entlango apho wayelungiselelwe indawo khona nguThixo. Wahlala apho egcinakele amakhulu alishumi elinambini namashumi amathandathu eentsuku.

7Kwabakho idabi ezulwini. UMikayeli nezithunywa zakhe balihlasela igongqongqo. Lazilwela nalo kunye nezithunywa zalo.

8Kodwa loyiswa, laza laphelelwa yindawo ezulwini.

9Ke igongqongqo – inyoka endalaeyakhohlisa uluntu luphela, uSathana, umtyholi – laphoswa ezantsi emhlabeni kunye nezithunywa zalo.

10Kuvakele ilizwi lidanduluka livela ezulwini lisithi: “Luthwasile ngoku uloyiso negunya nolawulo lukaThixo wethu. Lithwasile ngoku igunya

© 1996 Bible Society of South Africa.

lomthanjiswa wakhe uKrestu. Kaloku umtyholi lo wayesoloko ewamangalela ubusuku nemini amawethu phambi kukaThixo wethu, ukhutshelwe ngaphandle ezulwini.”

11Bamoyisile ngamandla edini leXhwane nangenyaniso kaThixo ebebekade beyingqinela, bengoyiki ukububeka esichengeni ubomi babo.

12Memelelani ke ngoko, mazulu kwakunye nabo bahlala khona! Kodwa, hayi ishwangusha elisemhlabeni naselwandle! Kaloku umtyholi uze kuzo egragrama ngumsindo, kuba uyazi ukuba selephelelwe lixesha.

13Lithe igongqongqo lakuqonda ukuba lilahlelwe emhlabeni, laphuthuma kulaa mfazi wayezele umntwana oyinkwenkwe.

14Kodwa wayenikwe amaphiko afana nawokhozi umfazi, ukuze abhabhele entlango apho wayeza kugcinakala khona iminyaka emithathu enesiqingathaengenakuhlaselwa ligongqongqo, inyoka endala.

15Ke lona igongqongqo, inyoka leyo, lahlanza umlambo wamanzi emva komfazi lowo ukuze akhukuliswe.

16Suka umhlaba wona wamnceda umfazi. Wavuleka, wawaginya loo manzi ayephume kwelo gongqongqo.

17Lamxhiba umfazi, lahamba laya kusikhuphela kwinzala yakhe eso sixhiba, engabo bonke abo bathobela imithetho kaThixo, bebambelele kwiimfundiso zikaYesu.

18Lafana lee nkamalala apho elunxwemeni igongqongqo.

IsiTyhilelo 13

Irhamncwa elivela elwandle

1Ke kaloku ndabona irhamncwa liphuma elwandle. Lona ke lalineentloko ezisixhenxe; iimpondo zona zazilishumi. Uphondo ngalunye lwalunembasa; kanti ke iintloko zaziphawulwe ngamagama amanyumnyezi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Eli rhamncwa lalingathi lihlosi, koko iinyawo zalo zazifana nezebhere, wona umlomo ufana nowengonyama. Irhamncwa eli lafumana amagunya namandla ndawonye nobungangalala, libunikwa ligongqongqo.

3Enye yeentloko zalo yangxwelerheka, kodwa yabuya yaphila. Ihlabathi liphela lathatheka ngulo mmangaliso, latsho lalandela irhamncwa elo.

4Bonke abantu balinqula igongqongqo elo, kuba amagunya alo liwanike irhamncwa. Kanti ke balinqula nerhamncwa elo, belibonga besithi: “Ngubani onokulingana nerhamncwa; ingubani khona onokulwa nalo?”

5Isithuba esingangeenyanga ezimashumi mane anambini irhamncwa lavunyelwa ukuba lisebenzise amagunya alo, lithethe izinto ezimanyumnyezi, liqalekise.

6Lasuka ke lamqalekisa uThixo,latshabhisa negama lakhe ndawonye nomzi wakhe ezulwini, kwakunye nâbo bahlala khona.

7Lavunyelwa ukuba lilwe nosapho lukaThixo liloyise. Ngokunjalo lanikwa amagunya kuzo zonke iintlanga, izizwe, iilwimi, noluntu.

8Bonke abantu behlabathi baya kulinqula. Abo ke ngabantu abamagama angabhalwanga encwadini yabaphilayoeyabhalwa kwangaphambi kokusekwa kwehlabathi. Incwadi le ke yeyeXhwane elabulawayo.

9“Oneendlebe zokuva makeve!

10Nabani na ofanele ukubanjwa uya kubanjwa; kanti ke nabani na oza kubulawa ngekrele uya kubulawa ngekrele. Le nto ke yenza kube yimfuneko ukuba abantu bakaThixo banyamezele, futhi babambelele elukholweni.”

Irhamncwa elivela emhlabeni

11Kwakhona ndabona elinye irhamncwa lisithi nyalulu emhlabeni. Lona lalineempondo ezifana nezetakane, kodwa lalithetha ngathi ligongqongqo.

12Eli rhamncwa lasebenzisa amagunya erhamncwa lokuqala, lijongile. Lanyanzela ihlabathi nabemi balo ukuba banqule irhamncwa lokuqala, ingxwelerha leyo yaphilayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

13Lalisenza imimangaliso; ewe, lalide lenze ukuba kuhle umlilo ezulwini abantu bejongile.

14Ngale ndlela ke lavunyelwa ukuba libalahlekise abantu behlabathi. Kaloku le mimangaliso laliyenza likho neliya lokuqala irhamncwa. Eli rhamncwa lathi abantu behlabathi mabaqingqe umfanekiso wokuwonga elaa rhamncwa lalingxwelerhwe likrele kodwa laphila.

15Irhamncwa eli lanikwa amandla okuba liwuphefumlele umfanekiso lowo, ukuze uthethe; futhi ugunyazise ukuba babulawe abo babengawunquli.

16Ngaphezu koko ke lanyanzelisa ukuba bonke abantu, abancinci nabakhulu, izityebi namahlwempu, amakhoboka nabakhululekileyo, mabaphawulwe ezandleni zokunene okanye ebunzi.

17Ngaphandle kolu phawu lumele igama okanye inani elimele igama lerhamncwa, akukho mntu wayevunyelwa ukuba athenge okanye athengise.

18Le ndawo ke ifuna ingqiqo. Nabani na oqiqayo angalifumana inani elimele irhamncwa. Kaloku inani elo limele umntu. Lona ke inani elo ngamakhulu amathandathu anamashumi amathandathu anesithandathu.

IsiTyhilelo 14

IXhwane kunye nabo baphawulweyo

1Kananjalo ndathi ndakujonga ndabona iXhwane lithe bhuxe entabeni iZiyon. Lalikunye nabantu abalikhulu elinamashumi amane anesine lamawaka. Bona babephawulwe ngegama lalo kunye nelikaYise ebunzi.

2Ndeva ukuhlokoma kwelizwi liphuma ezulwini. Lalingathi sisandi samanzi engxangxasi; lalingathi kukuqhaqhazelisa kweendudumo. Eli lizwi laba ngathi ziimvumi ezibetha iihapu.

3Babethe qwelele phambi kwebhotwe naphambi kwezilwanyana ezine, ndawonye namadoda amakhulu, bevuma ingoma entsha. Akukho bani wayenako ukuyilandela loo ngoma, ngaphandle kwabo bakhululekileyo

© 1996 Bible Society of South Africa.

emhlabeni; ewe, nditsho abo balikhulu elinamashumi amane anesine lamawaka.

4Aba ke ngabo bangazidyobhanga ngamabhinqa. Ewe, banyulu. Bona bathe ngcembe emva kweXhwane. Aba bakhululwe bephuma kulo lonke uluntu. Balulibo lukaThixo kunye neXhwane.

5Abazange bakhohlisa; bamsulwa.

Izithunywa

6Ndabona isithunywa sindanda phezulu esibhakabhakeni. Sasithunywe ukuba siye kuvakalisa uncuthu lweendaba ezingasoze zithini. Zona zezabo bonke abantu behlabathi, iintlanga, iilwimi ngeelwimi, nezizwe ngezizwe.

7Sadanduluka samemeza sathi: “Thobelani uThixo, nimdumise ngenxa yobungangamsha bakhe! Kaloku ngoku lifikile ithuba lokuba alugwebe uluntu. Ngoko ke nqulani nimdumise umenzi wamazulu nomhlaba, ulwandle nemithombo empompozayo!”

8Kwalandela esinye isithunywa sisithi: “Huntshu! Ithe folokohla yawa indlovukazi uBhabheli! Kaloku uluchwe lokurheletya kwakhe uluseze zonke izizwe!”

9Ngokukwanjalo salandela nesinye isithunywa simemeza sisithi: “Wonke umntu onqula irhamncwa kunye nomfanekiso walo, aze amkele uphawu lwalo ebunzi okanye esandleni,

10uya kutsarhwa yingqumbo kaThixo.Ewe kaloku, impindezelo kaThixo itsale yada yatshukula. Uya kugcadeka elangatyeni lomlilo wesalfa, iXhwane nezithunywa ezingcwele zibukele.

11Umsi waloo mlilo uya kutsho ngomlembelele unyuquza unyuka ungaze unqamke. Abo banqula irhamncwa nomfanekiso walo, abanophawu lwegama lalo, abasoze baphumle imini nobusuku.”

12Le meko ke icela umngeni kusapho lukaThixo ukuba lube nomonde, luyithobele imiyalelo kaThixo, lunyaniseke kuYesu.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Kwakhona ndeva ilizwi liphuma ezulwini lisithi: “Bhala uthi: ‘Ewe kambe, banoyolo abo bafa bezinikele eNkosini!’ Ewe, ukusukela ngoku uMoya uthi: ‘Baphumle ekubulalekeni kwabo, baphahlwe ziziqhamo zemisebenzi yabo.’ ”

Isivuno ehlabathini

14Ndithe ndisajongile kwavela ilifu elimhlophe, kulo kuthe ngcu into engathi ngumntu. Intloko yakhe yayihonjiswe ngembasa yegolide, ephethe irhengqe ebukhali ngesandla.

15Kwaphuma isithunywa endlwini kaThixo, samemeza lowo wayehleli efini, sathi: “Yolula isandla sakho, uvune ngerhengqe leyo. Kaloku ixesha lokuvuna lifikile, ibe ke nesivuno sehlabathi sesilungile.”

16Lowo wayehleli efini wasebenzisa irhengqe yakhe, wavuna ehlabathini.

17Kwakhona kwavela esinye isithunywa siphuma endlwini kaThixo esezulwini. Naso sasiphethe irhengqe ebukhali.

18Ngokunjalo kwathi thu esinye isithunywa eqongeni. Esi sona sasingumongameli womlilo. Sabhekisa kweso sasinerhengqe ebukhali, sikhwaza sisithi: “Yolula isandla sakho, uqokelele idiliya ehlabathini, kuba ivuthiwe ngoku.”

19Senjenjalo ke isithunywa eso, sasika sayiqokelela idiliya yehlabathi. Sayithatha sayiphosa esixovulelweni sengqumbo kaThixo.

20Idiliya leyo yaxovulelwa ngaphandle kwesixeko. Isixovulelo eso sampompoza igazi langumgama oziikhilomitha ezingamakhulu alishumi elinesithandathu. Lalinzulu kangangokuba ihashe lalisithi gabhu ngomkhala.

IsiTyhilelo 15

Ingoma yabakhululekileyo

1Ndiphinde ndabona umqondiso ocacileyo nomangalisayo esibhakabhakeni. Izithunywa ezisixhenxe zezisa ezokugqibela izibetho ezisixhenxe. Kaloku yayiza kufezekiswa ngazo ingqumbo kaThixo.

© 1996 Bible Society of South Africa.

2Kwaba ngathi ndibona ulwandle olusabuglasi, luxutywe nomlilo. Kwakumi
ngakulo abo babequbisene nerhamncwa baza boyisa, baphikisana
nomfanekiso walo, ngokunjalo nenani legama lalo. Bonke babephethe iihapu,

3bevuma ingoma kaMosis isicaka sikaThixo neXhwane, besithi: “Mikhulu
iyamangalisa imisebenzi yakho, Nkosi, Thixo Somandla! Zilungile,
ziyinyaniso iindlela zakho, Kumkani weentlanga zonke!

4Ngubani obengenakunkwantya aze akubonge wena, Nkosi? Kaloku nguwe
wedwa oyingcwele. Zonke iintlanga ziya kunqula ziqubude kuwe, kuba
izigqibo zakho ezilungileyo zicacile kubo bonke.”

Izithunywa nezibetho zokugqibela

5Emva koko ndabona ingcwele yeengcwele, isibingelelo ahlala kuso
uThixo, sivuleka ezulwini.

6Kwaphuma kuso izithunywa ezisixhenxe zezibetho ezisixhenxe, zivathe
ezimhlophe zelinen, zibhinqe ngeebhanti zegolide.

7Esinye sezilwanyana ezine sazinika izithunywa ezisixhenxe izitya zegolide
ezalatha ukuba yayiseligcwel' ibhekile yingqumbo kaThixo ohlal' ehleli.

8 Indlu kaThixo yayiqhuma ilitsili ngumsi wesihomo namandla kaThixo.
Akuzange kubekho mntu waba nakungena, zada zaba zigqithile izibetho
ezisixhenxe zezithunywa ezisixhenxe.

IsiTyhilelo 16

Izitya zengqumbo kaThixo

1Ndeva kudanduluka ilizwi kwindawo engcwele, lisithi izithunywa
ezisixhenxe maziye kuzichitha ehlabathini izitya ezisixhenxe zengqumbo
kaThixo.

2Sanduluka isithunywa sokuqala, sasichitha ehlabathini isitya saso. Abo
babenophawu lwerhamncwa, nabo babenqula umfanekiso walo, baphuma
izilonda ezibi neziqaqambayo.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

3Esesibini isithunywa sasichithela elwandle isitya saso. Amanzi ajika afana negazi lomntu ofileyo. Kwafa zonke izinambuzane eziphila elwandle.

4Isithunywa sesithathu sasichithela emilanjeni nasemithonjeni isitya saso, yaza yajika yaba ligazi.

5Ndeva isithunywa esilawula amanzi sisithi: “Zilungile izigqibo zakho, wena ungcwele, uhleli ukho, nobukade ukho!

6Baliphalaza igazi lemilowo kaThixo nelabashumayeli, ngoku ke ubanika igazi ukuba basele. Ibafanele loo nto bayifumeneyo, tshotsho!”

7Kwavakala ilizwi, liphuma eqongeni lamadini, lisithi: “Nkosi, Thixo Somandla, ngenene zinyanisekile, zilungile, izigqibo zakho!”

8Sasichitha elangeni isitya saso isithunywa sesine. Laza ilanga lakhululelwa ukubatshisa ngengqantsini yobushushu abantu.

9Batsha abantu seso sihogo. Baliqalekisa igama likaThixo ezeza ngegunya lakhe ezo zibetho. Kodwa abazanga bahlukane nezono, banqule uThixo.

10Esesihlanu isithunywa sasichitha phezu kwesihlalo serhamncwa isitya saso. Kwaba mnyama tsiki kuloo mmandla wolawulo lwerhamncwa. Babengcungcutheka abantu ziintuthumbo.

11Kodwa uThixo wezulu babemqalekisa ngenxa yezilonda neengqaqambo, bengaguquki kwiindlela zabo ezigwenxa.

12Isithunywa sesithandathu sasichitha phezu komlambo omkhulu iEfrati isitya saso. Watsha umlambo, kwavuleka indlela yeekumkani ezivela empumalanga.

13Ndabona iindimoni ezintathu ezazingathi ngamasele. Zaphuma emlonyeni wegongqongqo, nowerhamcwa, nakowomshumayeli oxokayo.

14Yayiziindimoni ezinamandla okwenza imilingo. Zazithunywe ukuya kuqokelela edabini zonke iikumkani zelizwe ngaloo mini inkulu kaThixo uSomandla.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15“Uyabona ke, ngaloo mini ndiya kuza njengesela. Unoyolo ke lowo uhlala elindile, engazikhululi izambatho zakhe, ukuze angahambi ze, ahlazeke ebantwini.”

16Iindimoni zaziqokelela ndawonye iikumkani, kwindawo ekuthiwa yiArmagedon ngesiHebhere.

17Isithunywa sesixhenxe sasichitha emoyeni isitya saso. Kwavakala ilizwi lidanduluka esihlalweni sobukhosi endlwini kaThixo lisithi: “Kuphelile.”

18Kwabakho ubumenye-menye bemibane, ukugqekreza, nezandi zeendudumo, kunye nenyikima eyoyikekayo. Akuzange kubekho nyikima yoyikeka njengaleyo ezimbalini!

19Saqhekeka kathathu isixeko esikhulu. Izixeko zamazwe onke zadilika zangamabhodlo. UThixo akazanga asilibale isixeko esikhulu iBhabheli. Wayiseza impindezelo yakhe.

20Zonke iintaba zathi shwaka, neziqithi zaphel' emehlweni.

21Kwawa isichotho esingamatye amakhulu. Ilitye ngalinye lalimalunga namashumi amahlanu eekhilogram ubunzima. Sabatyhumfuza abantu. Bamqalekisa uThixo abantu ngenxa yesibetho seso sichotho soyikekayo.

IsiTyhilelo 17

Ihenyukazi uBhabheli

1Esinye sezithunywa ezisixhenxe ezaziphethe izitya ezisixhenxe seza kum, sathi: “Yiza, ndiza kukubonisa ukugwetywa kwehenyukazi elimi phezu kwemilambo.

2Kaloku izikumkani zehlabathi zirheletya nalo. Ewe, ihlabathi liphela lithe thwanga kukurheletya nalo. ”

3Ke kaloku ndaba semandleni kaMoya, saza isithunywa eso sandisa entlango. Apho ke ndabona umfazi ekhwele phezu kwerhamncwa elibomvu elalinemibhalo emanyumnyezi. Lalineentloko ezisixhenxe neempondo ezilishumi.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Umfazi lowo wayevathe ezimfusa nezibomvu, eyokozela ngamaso egolide,
intsimbi, namatye exabiso. Ngesandla wayephethe indebe yegolide eyayizele
uluchwe lokungcola nokurheletya kwakhe.

5Ebunzi kwakubhalwe igama elingaziwa mntu: “UBhabheli, unina
wamahenyukazi, nazo zonke iintlondi zehlabathi.”

6Lo mfazi ndambonayo wayenxile ligazi losapho lukaThixo, ngokunjalo
negazi labo babengqina ngoYesu. Ndithe ndakumbona ndamangaliswa,
kodwa isithunywa eso sabuza sathi:

7“Ngani ukuba umangaliswe? Phulaphula ke ndikuxelele ihlebo ngalo mfazi
kunye nerhamncwa akhwele kulo elineentloko ezisixhenxe neempondo
ezilishumi.

8Elo rhamncwa ulibonileyo lelo lalikho, lingasekhoyo ngoku; kambe ke lisaza
kuphuma enzonzobileni, landule ke ukuya kwantshabalalo. Abo bamagama
angazange abhalwe encwadini yabaphilayo, seloko lasekwayo ihlabathi, baya
kumangaliswa bakulibona irhamncwa; kuba kaloku lalikhe ladla ubomi,
kodwa ngoku alisekho, phofu lisaza kubuya livele.

9“Kwabo banako ukutolika nasi isitshixo. Iintloko ezisixhenxe ziinduli
ezisixhenxe emi kuzo umfazi. Kwangokunjalo zimele ookumkani abasixhenxe.

10Isihlanu kubo asisekho, omnye usesezintanjeni, omnye useza, kambe naxa
selefikile uya kulawula ixeshana nje.

11Ke lona irhamncwa, elo lalikhe lakho lingasekhoyo ngoku, lingowesibhozo
– nakuba lingomnye wabasixhenxe nje – futhi liza kutshabalala.

12“Zona iimpondo ezilishumi ozibonileyo, ngookumkani
abalishumiabangekaqali ukulawula. Kambe ke baya kwabelana ngolawulo
kunye nerhamncwa okwethutyana nje.

13Kaloku boshumi injongo yabo iyafana: kukunikezela ulawulo
kwirhamncwa.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Baya kulwa neXhwane, kodwa liboyise. Kaloku lona liyiNkosi yamakhosi, iKumkani yeekumkani. Abalandeli balo baya kuba nenxaxheba kolo loyiso lwalo. Ewe, nditsho abanyulwa ababiziweyo nabathembekileyo.”

15Isithunywa saqhuba sathi: “Amanzi emilambo lawo uwabonileyo, apho limi khona ihenyukazi, luluntu, iintlanga, izizwe, neelwimi ngeelwimi.

16Iimpondo ezilishumi ozibonileyo kunye nerhamncwa zosuka zilithiye ihenyukazi. Ziya kulihluba libe ze, zilishiye lingumpha ochutyiweyo; ewe, ziya kulitya inyama, zijike zilitshise libe luthuthu.

17Kaloku uThixo ukunikele kuzo ukufezekiswa kwecebo lakhe. Ziya kuvana, amagunya azo ziwanike irhamncwa, ade afezekiswe amazwi kaThixo.

18“Umfazi lowo umbonileyo sisixekokazi esilawula bonke ookumkani behlabathi.”

IsiTyhilelo 18

Ukuwa kweBhabheli

1Kamva ke ndabona esinye isithunywa sisiza siphuma ezulwini. Ke sona sasingusomagunya; futhi ukubengezela kwaso kwaqaqamba ehlabathini liphela.

2Sadanduluka samemeza sathi: “Siwile isikhulukazi uBhabheli!Ngoku sesilikhaya leendimoni. Igquba khona imimoya emibi, ngokunjalo nentaka yeshwangusha.

3Kaloku izizwe zilugongqozile uluchwe lokurheletya kwakhe. Ewe, izikumkani zehlabathi bezirheletya naye. Ngoku oosomashishini zizinhanha ngenxa yokuqhuba ngobuqili bakhe.”

4Kwaphuma elinye ilizwi ezulwini lisithi: “Bantu bam, phumani kuye,hleze nide nithelele kwizono zakhe, nibe nenxaxheba nakwizibetho zakhe.

5Kaloku izono zakhe ziyimfumba eye kufikelela ezulwini. Kambe ke uThixo akawalibalanga amatyala akhe.

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6Mbuyiseleni kwaizitya zakhe!Mbuyekezeni ngokuphindiweyo ngezenzo zakhe! Isikhuni masibuye nomkhwezeli!

7Iinzingo nokungcungcutheka kwakhe mazifane nodumo nozuko ebekade ekulo. Kaloku uthi xa ezithuthuzela: ‘Ndiyikumkanikazi, kukhonya mna! Soze ndigixe, andingomhlolokazi!’

8Ngenxa yale nto ke, uya kuhlelwa zizibetho ngamini-nye: izifo, iinzingo, nendlala. Uya kutshiswa ngumlilo. Kaloku uThixo omgwebayo unamandla.

9“Ookumkani behlabathi ababerheletya naye, bexhamla intlala-kahle kunye naye, baya kukhala bakuwubona umsi womlilo omtshisayo.

10Baya kuhambela phaya bebindekile ngenxa yokungcungcutheka kwakhe. Baya kukhuza bathi: ‘Awu, kunyembelekile! Hayi kambe, sixekokazi singuBhabheli! Ngomzuzwana nje usuke wee shwaka! ’

11“Nditsho noosomashishini beli hlabathi baya kungqukruleka beselusizini ngenxa yakhe. Kaloku koba kungasekho bani uyithengayo imithwalo yorhwebo lwabo.

12Igolide, isiliva, amatye exabiso, nentsimbi; imichako yelinen, eyamalaphu amfusa, isilika, kunye nemichako ebomvu; imithi evumba limnandi, amazinyo endlovu, nazo zonke izinto ezenziwe ngemithi eyomeleleyo; ubhedu, intsimbi, nemabhile;

13iziqholo zokutya, iziqhumiso, iziqholo zomzimba, intlaka emhlophe; iwayini namafutha, iflawa nengqolowa, iinkomo neegusha, amahashe neenqwelo, amakhoboka nobomi babantu; ewe, zonke ezi ntlobo-ntlobo zoba zingasenamthengi.

14Abantu baya kuphoxisa bathi: ‘Zonke izinto ezintle owawuzilangazelela ziphel' emehlweni; kanti nobutyebi nobuyokoyoko bakho bubhangile; futhi awusoze uphinde ubufumane!’

© 1996 Bible Society of South Africa.

15Oosomashishini abafumana ubutyebi beshishina kwesi sixeko baya kuhambela mgama bebindekile ngenxa yokungcungcutheka kwaso. Baya kungqukruleka beselusizini,

16bathi: ‘Heyi, kunyembelekile kwesi sixekokazi! Kaloku sona sasivethe ezelinen ecikiziweyo, ezimfusa nezibomvu; sasiyokozela yigolide, amatye exabiso nentsimbi!

17Engaka yona ilahleko yobutyebi ngomzuzwana nje!’ “Abaphathi-nqanawa noomatiloshe, nabahamba ngolwandle, nabo bonke abaphila lulwandle, bahambela phaya,

18bekhuza kukubona umsi womlilo ositshisayo, besithi: ‘Sakhe sakho phi na isixeko esifana nesi sixekokazi? ’

19Bazigalela ngomhlaba, bengqukruleka beselusizini besithi: ‘Awu, kunyembelekile, sixekokazindini, apho bonke abahamba ngeenqanawa bamfimfithe khona ubutyebi! Ngomzuzwana nje usuke uthi shwaka.’

20“Vuyani nimemelele, mazulu, ngenxa yokutshabalala kwakhe! Vuyani, lusapho lukaThixo, bathunywa, nani bavakalisi beendaba! Kaloku uThixo uyigwebile iBhabheli waniphindezela.”

21Kananjalo enye ingwanyalala yesithunywa yathatha ilitye elingathi lilitye lokusila, yaliphosa elwandle, yathi: “Siya kwenziwa nje ke isixekokazi iBhabheli, sintlithwe phantsi, singaze siphinde sibonwe bani.

22Abadlali behapu, neemvumi, abakhalisa ifluti nexilongo, abasoze baphinde babe khona apho kuwe. Soze kuphinde kubekho magcisa alo naluphi na udidi apho kuwe, singasoze siphinde sivakale nesandi selitye lokusila!

23Akusoze kuphinde kubonakale nalitha lesibane apho, engasoze eviwe namazwi omyeni nomtshakazi apho kwakho!Oosomashishini bakwakho bakhe bazizinhanha zehlabathi; ewe, ngemilingo yakho wazilahlekisa izizwe!

24Nangoku lilapho kwakho igazi labavakalisi beendaba ezimnandi, nelosapho lukaThixo; ewe, nditsho nelabo bonke abakhe babulawa apha emhlabeni.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

IsiTyhilelo 19

1Emva koko ndeva ngathi kukho intswahla yehlokondiba ezulwini,
lidanduluka lisithi: “Mayibongwe iNkosi! Uloyiso nesihomo namandla
ngakaThixo wethu.

2Kaloku zinyanisekile, zilungile izigqibo zakhe. Eli henyukazi ebelifudula
lidyobha ihlabathi ngoluchwe lokurheletya uligwebile. Ulohlwayile ngenxa
yokuphalala kwegazi lezicaka zakhe. ”

3Liphindile lathi kwakho ihlokondiba: “Huntshu! Nanko unyuka
ngonaphakade umsi wesixeko esitshayo!”

4Iinkonde zomashumi omabini nane, nezilwanyana zozine, zathi qubudu
zinqula uThixo osesihlalweni sobukhosi, zathi: “Ewe, kunjalo! Huntshu!”

Isidlo somtshato weXhwane

5Kwavakala ilizwi livela esihlalweni sobukhosi, lisithi: “Mbongeni uThixo
wethu, nonke nina zicaka zakhe, nonke nina bamhlonelayo, baphakamileyo
nabaphantsi!”

6Ndibuye ndeva intswahla ekwangathi yeyehlokondiba. Yaba ngathi sisandi
samanzi engxangxasi, nokugqekreza kweendudumo, isithi: “Huntshu! INkosi
uThixo wethu onguSomandla yiKumkani.

7Vuyani, nimemelele yimincili, nimnike imbeko. Ifikile kaloku imini
yomtshato weXhwane. Umtshakazi selezilungiselele.

8Wambeswe umwunduwundu omhle womchako omhlophe welinen
eqaqambileyo.” (Kaloku ilinen entle yalatha imisebenzi elungileyo yemilowo
kaThixo.)

9Sithe ke kum isithunywa: “Bhala uthi: ‘Banoyolo abo bamenyelwe kwisidlo
somtshato weXhwane.’ ” Satsho sisithi: “Ngamazwi kaThixo ngenkqu lawo.”

10Ndazikhahlela ngasezinyaweni zaso ndinqula. Suka sathi sona kum: “Mus'
ukuyenza loo nto. Nam ndisisicaka njengawe namawenu angamangqina

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

kaYesu. NguThixo omakanqulwe. Abo bangamangqina kaYesu banikwa ifuthe loMoya njengabashumayeli.”

Okhwele ihashe elimhlophe

11Ndabona izulu livuleka, kwathi gqi ihashe elimhlophe. Igama lalowo wayelikhwele ihashe elo nguThembekile noNyaniso. Kaloku ugweba ngobulungisa, enze nemfazwe kwangobulungisa.

12Wayetsho ngamehlo abukhali ngathi avutha umlilo; ethe jize izithsaba ezininzi entloko. Wayenombhalo wegama elalingaziwa bani ngaphandle kwakhe.

13Wayethe wambu ingubo eyayilijaja ligazi. Igama abizwa ngalo nguLizwi kaThixo.

14Wayelandelwa yimikhosi yasezulwini, ikhwele amahashe amhlophe, yambethe iingubo ezimhlophe eziqaqambileyo zelinen.

15Kwaphuma ikrele elibukhali emlonyeni wakhe. Wayeza kuxabela iintlanga ngalo, azifake phantsi kolawulo olungqongqo. Yena wozikhama iinkani ngesohlwayo sengqumbo kaThixo uSomandla.

16Engubeni yakhe nasethangeni kwakukho umbhalo othi: “IKumkani yeekumkani neNkosi yeenkosi.”

17Ndabona isithunywa simi elangeni. Sazikhwaza zonke iintaka ezazibhabha esibhakabhakeni, sathi: “Qokelelanani nize kwisidlo esenziwe nguThixo.

18Yizani nitye inyama yeekumkani neengqwayi-ngqwayi, eyamajoni amahashe nabo bawakhweleyo, eyabantu bonke: amakhoboka nabakhululekileyo, abakhulu nabaphantsi.”

19Ndalibona irhamncwa neekumkani zehlabathi nemikhosi yazo zixhontelene. Zazize kuqubisana nalowo ukhwele ihashe elimhlophe, kunye nomkhosi wakhe.

20Lathinjwa irhamncwa, ngokunjalo nomshumayeli oxokayo obefudula esenza imilingo phambi kwalo. (Wabalahlekisa ngemilingo abo babenophawu

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

lwerhamncwa, benqula umfanekiso walo.) Elo rhamncwa ndawonye nomshumayeli oxokayo baphoswa edikeni lomlilo ovutha yisalfa besahleli.

21Imikhosi yabo yabulawa ngekrele elaliphuma emlonyeni walowo wayekhwele ihashe. Iintaka zonke zazitsho zabomvu izisu yinyama.

IsiTyhilelo 20

Ulawulo lweminyaka eliwaka

1Ndabona isithunywa sivela ezulwini sisiphethe ngesandla isitshixo senzonzobila. Sasiphethe nento enkulu yetyathanga.

2Salibamba igongqongqo, inyoka endala, umtyholi, uSathana. Salikhonkxa iwaka leminyaka.

3Salifaka enzonzobileni, sawuvala umnyango, sawutywina, sisenzela ukuba lingabe liphinde lilulahlekise uluntu kude kuphele iwaka leminyaka. Emva kwelo thuba igongqongqo limelwe kukukhululwa; phofu okwethutyana nje elingephi.

4Emva koko ndabona izihlalo. Ndabona kuhlala kuzo abo babenikwe igunya lokugweba. Ndababona nâbo babenqunyulwe iintloko ngenxa yokuba ngamangqina kaYesu nangenxa yokushumayela ilizwi likaThixo. Ndababona nabo bangavumanga ukulinqula irhamncwa okanye umfanekiso walo, kwanabo bangavumanga ukuphawulwa kumabunzi okanye esandleni ngophawu lwerhamncwa. Bavuka ekufeni, balawula kunye noKrestu iminyaka eliwaka.

5Luvuko lokuqala ke olu. Inxalenye yabafi yona ayizange ivuke kwade kwaphela iminyaka eliwaka.

6Unoyolo engokaThixo lowo uluxhamleyo uvuko lokuqala. Ukufa kwesibini akunamandla kuye. Kaloku woba ngumbingeleli kaThixo nokaKrestu, axhamle ulawulo kunye noKrestu iminyaka eliwaka.

Ukoyiswa kukamtyholi

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Iya kuthi ke yakuphela iminyaka eliwaka, akhululwe umtyholi enzonzobileni.

8Ekhululekile ke uya kuzilahlekisa izizwe kumagumbi omane ehlabathi; ezo ke nguGogi noMagogi. Umtyholi uya kuziqokelela zibe zininzi njengentlabathi eselunxwemeni lolwandle, aye nazo emfazweni.

9Nazo ke zicombuluka ehlabathini liphela, zirhawula impi yomkhosi wosapho lukaThixo, ndawonye neso sixeko asithandayo. Kuthe kusenjalo suka kwehla umlilo phezulu, wazithi lence-lence.

10Okokwakhe umtyholi, umlahlekisi wazo, yena wathiwa dywa echibini lomlilo onesalfa, apho irhamncwa kunye nomshumayeli oxokayo bebesebephoswe khona. Apho ke baya kungcungcutheka imini nobusuku ngonaphakade kanaphakade.

Umgwebo

11Ndaza ke ndabona isihlalo sokulawula esimhlophe, kukho ohleli kuso. Umhlaba namazulu ambaleka, awaba sabonakala.

12Ndababona abafileyo, abakhulu kwanabanci, bemile phambi kwesihlalo sokulawula. Zavulwa iincwadi, kwaza kwavulwa nenye incwadi eneenkcukacha zobomi. Abo bafileyo bagwetywa ngokwengxelo yezenzo zabo eyayibhalwe kwezo ncwadi.

13Ulwandle, ukufa, nelabafileyo labakhuphela ngaphandle abafileyo ababekulo. Umntu ngamnye wagwetywa ngokwezenzo zakhe.

14Ukufa nelabafileyo kwaphoswa echibini elivuthayo. Eli chibi lomlilo ke kukufa kwesibini.

15Wonke umntu ogama lingabhalwanga encwadini yeenkcukacha zobomi waphoswa echibini elivuthayo.

IsiTyhilelo 21

Izulu elitsha nehlabathi elitsha

© 1996 Bible Society of South Africa.

1Ndabona izulu elitsha nehlabathi elitsha. Kaloku elokuqala izulu nelokuqala
ihlabathi laliselidlule. Kwakungasekho nolwandle olu.

2Ndabona nesixeko esingcwele, iJerusalem entsha, isihla ivela kuThixo
ezulwini. Yayingasentle! Yayingathi ngumtshakazi ehombele umyeni.

3Ndive ilizwi elikhulu, livela ngasesihlalweni sokulawula, lisithi: “Uyasibona
esi sixeko? Kulapho uThixo ahlala khona nabantu. Uya kuhlala phakathi
kwabo, babe yimilowo yakhe, yena abe nguThixo wabo. UThixo ngenkqu uya
kuhlala nabo.

4Uya kubosula zonke iinyembezi. Akusayi kubuye kubekho kufa, nalusizi,
nasikhalo, nazintlungu. Kaloku lidlule ilizwe lokuqala.”

5Ke lowo uhleli esihlalweni sokulawula wathi: “Ngoku yonke indalo ndiyenza
ntsha.” Ubuye wathi: “Bhala kaloku! La mazwi ndiwathethayo athembekile,
ayinyaniso.”

6Wabuya wathi: “Sekwenzekile. Ndim u-A kwano-Z, ndim isiqalo nesiphelo.
Nabani na onxaniweyo ndomnika ngesisa amanzi aphuma emthonjeni odlisa
ubomi.

7Lowo woyisayo wozixhamla zibe lilifa lakhe ezi zinto. Mna ndoba nguThixo
wakhe, yena abe ngunyana wam.

8Kodwa ilifa lamagwala, abangakholwayo, izingcoli, izigwinta, abarheletyi,
amagqwirha, abanquli-zithixo, nawo onke amaxoki, loba kukufa kwesibini
kwidike lomlilo ovutha yisalfa.”

IJerusalem entsha

9Kusuke esinye sezithunywa ezisixhenxe ezaziphethe izitya ezisixhenxe
zezibetho zokugqibela sathi kum: “Yiza ngapha ndikubonise umtshakazi walo
iXhwane.”

10Sandithatha ndisemandleni kaMoya, sandisa encotsheni yentabakazi
enkulu. Sandibonisa iJerusalem, isiXeko esiNgcwele, isihla ivela kuThixo
ezulwini.

© 1996 Bible Society of South Africa.

11Yayiqaqambile bubuqaqawuli bukaThixo, ibengezela okwelitye lexabiso elicwenge okwedayimani.

12Yayineendonga eziphakamileyo kakhulu, inamasango alishumi elinambini. Kwisango ngalinye kwakukho isithunywa. Phezu kwamasango kwakubhalwe amagama ezizwe ezilishumi elinambini zakwaSirayeli.

13Ngasempumalanga kwakukho amasango amathathu, emathathu emntla, emathathu emzantsi, nangasentshonalanga.

14Iindonga zesixeko zazimi phezu kweziseko zamatye alishumi elinambini. Ilitye ngalinye lalinegama lomthunywa ngamnye kubathunywa beXhwane abalishumi elinambini.

15Isithunywa esasithetha nam sasiphethe induku yegolide yokulinganisa. Sasiza kulinganisa ngayo ubukhulu besixeko, amasango, neendonga zaso.

16Amacala omane ayelingana, ubude bungangobubanzi. Isithunywa salinganisa ubukhulu besixeko ngenduku yaso. Safumana buziikhilomitha ezilishumi elinesibini lamawaka, ubude kwanobubanzi baso. Sasikwangako ukuphakama.

17Salinganisa iindonga, sazifumana ziziinyawo ezilikhulu linamashumi mane anane ukuphakama. Sasisebenzisa umlinganiso oqhelekileyo ebantwini.

18Udonga lwalwenziwe ngeedayimani. Sona isixeko sasenziwe ngegolide; sasingathi siyiglasi egudisiweyo.

19Iziseko zaso zazihonjiswe ngazo zonke iintlobo zamatye exabiso. Kuqala yayiyidayimani, kulandele ilitye lexabiso ekuthiwa yisafire, iagati, iemeraldi,

20isadonisi, ikorneli, ikrizoli, ibherilo, itopazi, ikrizoprazi, ihakinto, eleshumi elinambini yayiametiste.

21Amasango alishumi elinambini ayeziiperile ezilishumi elinambini. Isango ngalinye laliyiperile enye, nesitalato sesixeko siyigolide ecwengileyo, sifana neglasi.

© 1996 Bible Society of South Africa.

22Andizange ndiyibone indlu kaThixo esixekweni apho. Kaloku iNkosi uThixo uSomandla kunye nalo iXhwane ngabo ngenkqu loo ndlu.

23Isixeko sasingadingi langa nanyanga yakusikhanyisela. Sasikhanyiselwa bubuqaqawuli bukaThixo nalo iXhwane.

24Izizwe ziya kuhamba ekukhanyeni kwaso; iikumkani zehlabathi zowazisa kuso amagugu azo.

25Akasayi kuvalwa emini amasango aso, yaye akusayi kubakho busuku khona.

26Izizwe ziya kuza ziphethe amagugu azo neendyebo zazo.

27Akuyi kungena bubi khona; akuyi kungena nasingcoli naxoki;kuphela kongena abo babhaliweyo encwadini yeXhwane, leyo yeenkcukacha zobomi.

IsiTyhilelo 22

1Isithunywa eso sandibonisa umlambo onamanzi obomi ebengezela okweglasi. Ayempompoza evela kwibhotwe likaThixo kunye neXhwane.

2La manzi ayesihla phakathi kwisitalato sesixeko eso. Lo mlambo wawuphahlwe ngumthi wobomi. Lo mthi uvelisa iziqhamo ngazo zonke iinyanga zonyaka. Amagqabi alo mthi ayimpilo yezizwe.

3Nayiphi na into eqalekisiweyo ayisayi kubakho apho. Into ekhoyo apho libhotwe likaThixo kunye neXhwane. Izicaka zakhe ziya kuphithizela zimkhonza.

4Ziya kujongana naye ebusweni, zinegama lakhe ebunzi.

5Akusayi kubakho busuku khona; kungasayi kubakho mfuneko yasibane nalanga. Kaloku iNkosi uThixo uya kuzikhanyisela. Ziya kuxhamla ulawulo ngonaphakade kanaphakade.

Ukubuya kukaYesu

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

6Kananjalo sathi kum: “La mazwi ayinyaniso, athembekile. INkosi uThixo obaxhobisayo ngefuthe loMoya abavakalisi belizwi, wathumela isithunywa sakhe ukuze sibonise izicaka zakhe izinto eziza kwenzeka kamsinya.”

7“Uyabona ke, ndiyeza ngokukhawuleza! Unoyolo umntu owathobelayo amazwi odaba lwale ncwadi!”

8Ndim mna Yohane ozivileyo wazibona ezi zinto. Ndakuba ndizivile ndazibona ezi zinto, ndawa ezinyaweni zesithunywa eso sandibonisayo, ndikhahlela.

9Kodwa sakhalima sathi: “Hayi bo! Sukwenjenjalo; kaloku nam ndisisicaka njengawe, ugxa wakho namawenu abavakalisi belizwi, nabo bonke abawathobelayo amazwi akule ncwadi. NguThixo ofanele ukumnqula wena.”

10Saqhuba sathi: “Uze ungawafihli amazwi ale ncwadi; kaloku ithuba lokuzalisekiswa kwawo lisemnyango.

11Ke yena umenzi wobubi makaqhubele phambili, ngokunjalo nongcolileyo makaqhubele phambili; nalowo ulungisayo makathathe unyawo, kanti ke nonyulu makahlale enjalo.

12“Ewe, ndiyeza kamsinya! Ulowo nalowo ndiya kumphathela ibhasongokwemisebenzi yakhe!

13Kaloku ndingu-A, ndikwangu-Z;ndingowokuqala, ndikwangowokugqibela, ndikwasisiqalo nesiphelo.”

14Banoyolo abo bazabalazela ukuba bahlale benyulu! Baya kuba nelungelo kuwo umthi wobomi; baya kungena ngamasango esixekweni.

15Kambe ke ngaphandle zizinja, namagqwirha, abarheletyi, izigwinta, abanqula izithixo, nabo bonke abathe phithi kukuxoka.

16“Ndim mna Yesu osithumileyo isithunywa sam ukuba siye kushumayela ezi ndaba emabandleni. Ndingumnombo nomzukulwana kaDavide,ikhwezi lokusa.”

© 1996 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17UMoya kunye nomtshakazi bathi: “Yiza” Wonke umntu ovayo makathi: “Yiza!” Wonke umntu onxaniweyo makeze. Makawasele amanzi obomi; asisisa kwabo bawafunayo.

Isiphetho

18Ndiyamlumkisa wonke umntu owevayo amazwi ale ncwadi: Ukuba ukhe wawongeza, uThixo uya kumhlisela zonke izibetho ezichaziweyo kule ncwadi.

19Kanti ke ukuba ukhe wawaphungula, uThixo uya kumvimba inxaxheba kuwo umthi wobomi, angabi nalungelo nakuso isiXeko esiNgcwele – zinto ezo zichaziweyo kule ncwadi.

20Lo unika obu bungqina uthi: “Nanjani na ndiza kufika ngokukhawuleza!” Makube njalo! Yiza, Nkosi Yesu!

21Ubabalo lweNkosi uYesu maluhlale kuni nonke.

© 1996 Bible Society of South Africa.

Esclarecimento

Trata-se de iniciativa particular, com os seguintes objetivos: (i) colaborar para divulgação dos diversos textos bíblicos disponíveis, e, (ii) facilitar o acesso a esses textos, inclusive por meio de download.

Todo esforço em tornar a Palavra de Deus acessível a todos, em quaisquer localidades e falantes das mais diversas línguas, precisa ser um objetivo de todos os que são guiados pelo Espírito Santo. Ele inspirou o profeta Jeremias a dizer "não ensinará jamais cada um ao seu próximo, nem cada um ao seu irmão, dizendo: Conhece ao SENHOR, porque todos me conhecerão, desde o menor até ao maior deles, diz o SENHOR" (Jer. 31:34).

Jesus, também, falou assim: "e será pregado este evangelho do reino por todo o mundo, para testemunho a todas as nações" (Mat. 24:14).

Muitas organizações foram constituídas com o propósito de fazer a Bíblia disponível nas diversas línguas. Não é uma tarefa simples. Anos de trabalho, dedicação e entrega são necessários para esta tão extraordinária missão.

O texto deste trabalho está disponível na internet, em páginas eletrônicas de organizações que produzem ou divulgam bíblias, sem acréscimos de notas ou comentários. Assim, reconhecendo e respeitando os direitos que possuem sobre seus trabalhos, incumbe a todos os que amam a Palavra de Deus, o esforço em contribuir para amplificar sua divulgação.

Se possível, faça download do texto, para que sejamos, também, guardiões da Bíblia, e, com isso, preservando-a para as futuras gerações.

Divulga a Palavra de Deus, ela mostra o Caminho e permite a todos, que se conheça Sua vontade, em todos os lugares e épocas.

Marcel da Glória Pereira

2021, Vitória/ES - Brasil

Capa: Pôr do sol. Trata-se de imagem disponibilizada na internet, dentre as que não informam haver restrição ao uso.